19Zonke izidalwa ezishukumayo, iintaka nezilwanyana nezinto ezirhubuluzayo, zaphuma enqanaweni ngokweendidi zazo.

UNowa unikela idini

20Wenza iqonga lamadini kaNdikhoyo uNowa. Wathatha isilwanyana ngasinye nentaka nganye, kwezo zodidi olutyiwayo, wazinikela zangumbingelelo phezu kwelo qonga.

21Lamkeleka ivumba lazo kuNdikhoyo, waza wathi: “Andisobe ndiliqalekise ilizwe ngenxa

amaldiçoarei a terra por causa do homem, porquanto seu íntimo é completamente inclinado para o mal, desde o nascimento. E nunca mais destruirei todos os seres nos quais há o fôlego da vida, como fiz desta vez.

yezenzo zabantu. Kaloku ndiyazi ukuba umntu uneengcinga ezigwenxa kwaeselula. Andisobe ndizitshabalalise izinto eziphilayo njengoko sendenjenjalo.

22 Enquanto durar a terra, semeadura e colheita, frio e calor, verão e inverno, dia e noite, jamais cessarão seus ciclos naturais

22Kuya kusoloko kukho amaxesha okulima namaxesha okuvuna wonke lo gama lisemiyo ilizwe; kuya kubakho ingqele nobushushu, ihlobo nobusika, ubusuku nemini.”

Gênesis 9

O pacto que Deus fez com Noé

1 Deus abençoou Noé e seus filhos, e determinou-lhes: “Sede fecundos, multiplicai-vos, enchei a terra.

2 Sede o medo e o pavor de todos os animais da terra e de todas as aves do céu, como de tudo o que se move na terra e de todos os peixes do mar: eles são entregues em vossas mãos.

3 Tudo o que se move e possui a vida vos servirá de alimento, tudo isso Eu vos dou, como vos dei a verdura das plantas.

4 Mas não comereis a carne com sua alma, isto é, o sangue.

5 Certamente pedirei contas do sangue de cada um de vós. Pedirei contas a todos os animais e ao homem; a cada indivíduo requererei contas da vida do seu próximo.

6 Quem derramar o sangue do ser humano; pelo próprio homem seu sangue será derramado; porquanto à imagem de Deus foi a humanidade criada.

7 Quanto a vós, sede fecundos, multiplicai-vos, povoai a terra e dominai-a!”

Eyeziqalo 9

Umnqophiso kaThixo noNowa

1UThixo wamthamsanqelisa uNowa kunye noonyana bakhe, esithi: “Qhamani nande, nizalise ihlabathi ngenzala yenu.

2Izilo zonke, kwaneentaka neentlanzi, mazinoyike. Zonke ziphantsi kwegunya lenu.

3Yonke into ephilayo yoba kukutya kwenu. Njengoko ndaninikayo uhlaza, ndininika into yonke ngoku.

4Into eningayi kuyitya yinyama yento engophanga. Andiyivumeli loo nto, kuba igazi libubomi.

5Umntu obulala omnye umntu unetyala. Nasiphi na isilwanyana esibulala umntu ndiya kusibulala.

6Umntu wenziwa wangumfuziselo kaThixo, nabani na ke obulala omnye umntu naye uya kubulawa kwangomnye umntu.

7“Ze nichume nande, ukuze inzala yenu ilizalise ilizwe.”

[8] Então declarou Deus a Noé e a seus filhos que estavam com ele:
[9] "Eis que estabeleço minha Aliança convosco e com os vossos descendentes depois de vós,
[10] e com todos os seres vivos que estão convosco: aves, animais, todas as feras, todas as criaturas que saíram da arca convosco, todos os animais da terra.
[11] Estabeleço minha Aliança convosco: tudo o que existe nunca mais será destruído pelas águas do Dilúvio; não haverá mais outro dilúvio para devastar a terra!"
[12] E Deus afirmou: "Eis o sinal da Aliança que instituo entre mim e vós e todos os seres vivos que estão convosco, para todas as gerações futuras:
[13] colocarei o meu arco nas nuvens, e ele se tornará um sinal fulgurante da Aliança entre mim e a terra!
[14] Quando Eu reunir as nuvens sobre a terra e o arco surgir por entre as nuvens,
[15] eu me lembrarei da Aliança que há entre mim e vós e todos os seres vivos de toda a carne. E as águas nunca mais se tornarão um dilúvio para destruir toda forma de vida.
[16] Quando o arco estiver na nuvem, Eu o verei e me lembrarei da Aliança eterna que há entre Deus e os seres vivos de todas as espécies que vivem sobre a face da terra!".
[17] E concluindo, asseverou Deus a Noé: "Este é o sinal da Aliança que estabeleço entre mim e toda a forma de vida que existe sobre a face da terra!".

[8]Uqokele wathi uThixo kuNowa nakoonyana bakhe:

[9]"Ngoku ndiza kwenza umnqophiso nani kwakunye nenzala yenu,

[10]nazo zonke izinto eziphilayo: izilo zonke, kunye nempahla efuyiweyo, neentaka zonke; nditsho yonke into ebisenqanaweni kunye nani.

[11]Ndithi andisobe ndizitshabalalise ngemvula kwakhona izinto eziphilayo. Ilizwe alisobe liphinde lipheliswe ngemvula. Ngumnqophiso wam lowo.

[12-13]Umqondiso walo mnqophiso endikwenzela wona kunye nazo zonke izinto eziphilayo, ngumnyama oya kubakho esibhakabhakeni. Nguwo lowo umqondiso womnqophiso ongasoze ujike endiwenzela abantu nalo lonke elimiweyo.

[14-15]Nanini na xa lisibekele, amafu eziingqimba, ndowukhumbula lo mnqophiso wam kwakuvela umnyama. Nditsho lo mnqophiso ndiwenzele wena nazo zonke izinto eziphilayo, ndisithi andisobe ndilitshabalalise ilizwe kwakhona ngemvula.

[16]Wakuvela umnyama emafini, ndiwubone, ndokhumbula umnqophiso ongasoze ujike endiwuthembise zonke izinto eziphilayo elizweni.

[17]Nguwo ke lowo umqondiso womnqophiso endiwenzela yonke into ephilayo."

UNowa noonyana bakhe

[18] Os filhos de Noé, que saíram da arca, foram Sem, Cam e Jafé; Cam é o pai de Canaã.

[19] Esses três foram filhos de Noé e a partir deles se fez o povoamento de toda a terra.

Noé planta uma vinha

[20] Noé, era cultivador, e foi o primeiro a plantar uma vinha.

[21] Bebeu do vinho que havia feito, embriagou-se e ficou dentro da sua tenda.

[22] Cam, pai de Canaã, notou que seu pai estava nu e foi contar aos dois irmãos que estavam do lado de fora.

[23] Então Sem e Jafé tomaram uma capa, levantaram-na sobre os próprios ombros e, andando de costas para não verem a nudez do pai, cobriram-no.

[24] Quando Noé acordou da sua embriaguez, soube do que Cam, seu filho mais jovem, havia feito.

[25] Então esbravejou Noé: “Maldito seja Canaã! Escravo de escravos será para seus irmãos”.

[26] E acrescentou: “Bendito seja o SENHOR, o Deus de Sem! E seja Canaã seu escravo.

[27] Que Deus amplie o território de Jafé; habite ele nas tendas de Sem, e seja Canaã seu escravo!”.

[28] Depois do Dilúvio, Noé viveu mais trezentos e cinquenta anos.

[29] Toda a duração da vida de Noé foi de novecentos e cinquenta anos, depois morreu.

Gênesis 10

Os descendentes de Noé

[18]UNowa waphuma enqanaweni noShem noHam noYafete oonyana bakhe. (UHam nguyise kaKanana.)

[19]Oonyana bakaNowa bobathathu ngookhokho babo bonke abantu elizweni.

[20]UNowa owayengumlimi waqala ngokulima umdiliya.

[21]Akuba esele iwayini uNowa wanxila, wakhulula, walala ze egumbini lakhe.

[22]UHam, uyise kaKanana, uthe akumbona eze uyise, waphuma waya kuxelela abantakwabo phandle.

[23]Ke bona ooShem noYafete bathatha ingubo, baya ngomva kuyise egumbini lakhe, bamambathisa bengamjonganga, ukuze bangamboni ehamba ze.

[24]Akuqabuka uNowa, wayiva into eyenziwe ngunyana wakhe oligqibelo,

[25]wathi: “Uqalekisiwe uKanana! Uya kuba lixhoba labantakwabo.

[26]Mdumiseni uNdikhoyo uThixo kaShem. UKanana uya kuba likhoboka likaShem.

[27]Wanga uThixo angawandisa umhlaba kaYafete; yanga inzala yakhe ingaxhamla amathamsanqa kunye nekaShem; uKanana yena abe likhoboka likaYafete.”

[28]UNowa wahlala amakhulu amathathu namashumi amahlanu emva kwemvula kanogumbe,

[29]wabhubha emakhulu alithoba namashumi mahlanu ubudala.

Eyeziqalo 10

Umlibo wenzala yoonyana bakaNowa

(1 Gan 1:5-23)

1 Eis a descendência de Sem, Cam e Jafé, filhos de Noé. Os filhos deles nasceram depois do Dilúvio.

2 Estes foram os descendentes de Jafé: Gômer, Magogue, Madai, Java, Tubal, Meseque e Tiras.

3 Estes foram os filhos de Gômer: Asquenaz, Rifate e Togarma.

4 Estes foram os filhos de Javã: Elisa, Társis, Quitim e Dodanim.

5 Deles descendem os povos marítimos, os quais se dividiram em seu território, conforme sua língua, cada um segundo os clãs de suas nações.

6 Estes foram os descendentes de Cam: Cuxe, Mizraim, Pute e Canaã.

7 Estes foram os filhos de Cuxe: Sebá, Havilá, Sabtá, Raamá e Sabtecá. Estes foram os filhos de Raamá: Sabá e Deda.

8 Cuxe gerou também Ninrode, o primeiro homem poderoso na terra.

9 Ele foi o mais audaz e corajoso dos caçadores diante do SENHOR, e por esse motivo há o ditado: “Valente como Ninrode!”

10 No início, o seu reino abrangia Babel, Ereque, Acade e Calné, nas terras da Babilônia.

11 Dessa terra ele partiu para a Assíria, onde fundou Nínive, Reobote-Ir, Cala

1Nanga amagqabantshintshi ngoonyana bakaNowa, uShem noHam noYafete. Kaloku nabo bazala oonyana emva kwemvulakazi kanogumbe.

2Oonyana bakaYafete naba: nguGomere, uMagogi, uMadayi, uJavan, noTubhali, uMesheki, noTisari.

3Inzala kaGomere ngama-Ashkenezi, amaRifati, namaTogarma.

4Inzala kaJavan yona ngamaElisha, amaTashishe, amaKiti, namaDodan.

5Ngabo abangookhokho babantu ababegudle unxweme nabo babeseziqithini. Yinzala kaYafete ke leyo, eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo, isizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

6Oonyana bakaHam nguKushe, uMizerayim, uPuti, noKanana.

7Inzala kaKushe yaba ngamaSebha, amaHavila, amaSabheta, amaRama, namaSabheteka. Inzala kaRama ngamaShebha namaDedan.

8UKushe wayenonyana ogama linguNimrodi, owaba lelona kroti libalaseleyo elizweni.

9Ngoncedo lukaNdikhoyo waba lichebesha lezingela. Yiyo ke loo nto kuthiwa xa kuthethwayo: “Wanga uNdikhoyo angakupha amandla, ube lizingela, ufuze uNimrodi.”

10Lwaqala eBhabheli, e-Ereki, naseAkadi ulawulo lwakhe. Zontathu ezo ndawo zikwelaseBhabheli.

11Ukusuka apho waya eAsiriya apho wakha isixeko saseNiniva, esaseRehobhoti-ire, nesaseKala,

12 e Resém, que fica entre Nínive e Cala, a grande cidade.

13 Mizraim deu origem aos luditas, anamitas, leabitas, naftuítas,

14 patrusitas, casluítas, dos quais descenderam os filisteus, e os caftoritas.

15 Canaã gerou Sidom, seu filho mais velho, os sidônios, os primeiros; e os hititas;

16 também deu origem aos jebuseus, aos amorreus, aos girgaseus,

17 aos heveus, aos arqueus, aos sineus,

18 aos arvadeus, aos zemareus e aos hamateus; e mais tarde se espalharam as famílias dos cananeus.

19 E os limites das terras de Canaã estendiam-se desde Sidom, indo até Gerar e chegavam a Gaza e, de lá, prosseguiam até Sodoma, Gomorra, Admá e Zeboim até Lasa.

20 São esses os povos e culturas que descenderam de Cam, conforme seus grupos familiares e línguas, em seus territórios e nações.

21 Uma descendência nasceu de semelhante modo a Sem, pai de todos os filhos de Héber e irmão mais velho de Jafé.

22 Estes foram os filhos de Sem: Elão, Assur, Arfaxade, Lude e Arã.

23 Estes foram os descendentes de Arã: Uz, Hul, Géter e Meseque.

24 Arfaxade gerou Cainã, e Cainã gerou Salá, que gerou Héber.

25 Héber deu origem a dois filhos: um deles se chamou Pelegue, porquanto em sua época a terra foi dividida; seu irmão recebeu o nome de Joctã.

12kunye neRezen emi phakathi kweNiniva nesixekokazi iKala.

13Inzala kaMizerayim yaba ngamaLudi, ama-Anam, amaLehabhi, amaNafetuyi,

14amaPatrusi, namaKaseluyi, apho kwakuvela khona amaFilistiya namaKafto.

15Oonyana bakaKanana nguSidon owamazibulo, kunye noHeti,

16noJebhusi, noAmori, noGirgashi,

17noHivi, noAreki, noSini,

18noArvadi, noZemari, noHamati. Izizwe ngezizwe zakwaKanan zathi saa,

19yada imida yazo yaya kuthi xhaxhe ngeSidon, yada yaya kutsho eGerari ngaseGaza, yenjenjeya ukuya eSodom naseGomora, eAdama naseZebhoyim kufuphi neLasha.

20Yinzala kaHam ke le eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo, sizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

21UShem, umkhuluwa kaYafete, waba ngukhokho wamaHebhere.

22Oonyana bakhe nguElam, uAsuri, uArpakishadi, uLudi, noAram.

23Inzala ka-Aram yaba ngamaUzi, amaHuli, amaGetere, namaMahi.

24UArpakishadi wazala uShela, owazala uHebhere.

25UHebhere wazala oonyana ababini. Omnye nguPelege, kuba ngexesha lakhe abantu babahlulelene elizweni, omnye yayinguJoketan.

[26] Joctã gerou a Almodá, Salefe, Hazar-Mavé, Jerá,
[27] Adorão, Uzal, Dicla,
[28] Obal, Abimael, Sabá,
[29] Ofir, Havilá e Jobabe. Todos esses descenderam de Joctã.

[30] E habitavam uma região que se estendia desde Messa até Sefar, nas colinas ao leste.

[31] São esses os filhos de Sem, segundo seus clãs e línguas, em suas terras, culturas e nações.
[32] São esses os grupos familiares dos filhos de Noé, de acordo com suas gerações, divididos em suas nações e culturas, em conformidade com a história da sua descendência. A partir deles, os povos se dispersaram por toda a terra, depois do Dilúvio.

[26]Inzala kaJoketan yaba ngama-Alemodadi, amaShelefe, amaHazare-mavete, amaJera,
[27]amaHadoram, amaUzali, amaDikela,
[28]amaObhali, ama-Abhimayeli, amaShebha,
[29]amaOfire, amaHavila, namaJobhabhi. Zonke ezi zizwe yinzala kaJoketan.
[30]Umhlaba ababemi kuwo wawusuka eMesa uye kuthi xhaxhe ngeZefara kweleentaba empumalanga.
[31]Yinzala kaShem ke leyo, eyayimi izizwe ngezizwe kwiindawo ngeendawo, isizwe ngasinye sithetha olwaso ulwimi.

[32]Yinzala kaNowa yonke ke le, izizizwe ngezizwe ngokwemilibo yazo. Emva kwemvula kanogumbe zonke izizwe elizweni zavela koonyana bakaNowa.

Gênesis 11

Toda a terra com uma mesma língua

[1] Em todo o mundo, as pessoas se serviam de uma mesma língua, e de uma única maneira de falar.
[2] Quando os seres humanos emigraram para o Oriente, encontraram uma planície em Sinear e ali se estabeleceram.
[3] Combinaram uns com os outros: “Vinde! Façamos tijolos e cozamo-los ao fogo!” O tijolo lhes serviu de pedra e o betume de argamassa.
[4] E decidiram mais: “Vinde! Construamos uma cidade e uma torre cujo ápice penetre nos céus! Dessa forma, nosso nome será honrado por todos e jamais seremos dispersos pela face da terra!”

Eyeziqalo 11

Inqaba yaseBhabheli

[1]Ngelo xesha abantu elizweni babethetha ulwimi olunye, besebenzisa namagama afanayo ezinto.
[2]Ke ekubhaduleni kwabo kwelasempumalanga bada baya kutsho kumathafa aseBhabheli, bema apho.
[3]Bathethana bathi: “Masenze izitena, sizitshise ziqine.” Baza ke basebenzisa ezo zitena endaweni yamatye, netha endaweni yodaka.

[4]Bathi ke: “Masakhe isixeko, senze nenqaba enencopho eya kutsho esibhakabhakeni, ukuze sibe negama nathi, singathi saa elizweni.”

[5] O SENHOR desceu para observar a cidade e a torre que os homens estavam erguendo.
[6] Então declarou o SENHOR: "Eis que a humanidade se constitui em um só povo e falam todos a mesma língua, e essa construção é apenas o início de suas iniciativas! Em breve nada poderá impedi-los de realizar o que quiserem!

A confusão das línguas

[7] Portanto, vinde! Desçamos! Confundamos a linguagem dos seres humanos, a fim de que não mais se entendam uns com os outros!"
[8] E foi dessa maneira que o SENHOR os espalhou dali por toda a terra, e pararam de erguer a cidade.
[9] Por isso ficou conhecida como Babel, porquanto ali o SENHOR confundiu a língua de todo o mundo. E, assim, desde a Babilônia, o SENHOR dispersou a humanidade sobre a face da terra.

[10] Eis o registro das gerações de Sem: Passados dois anos do Dilúvio, ao completar cem anos de idade, Sem gerou Arfaxade.

[11] Depois do nascimento de Arfaxade, Sem viveu mais quinhentos anos e gerou filhos e filhas.
[12] Quando Arfaxade completou trinta e cinco anos de idade, gerou Salá.
[13] Depois do nascimento de Salá, Arfaxade viveu mais quatrocentos e três anos e gerou filhos e filhas.
[14] Quando Salá completou trinta e cinco anos de idade, gerou Héber.

[5] UNdikhoyo wehla weza kusibona eso sixeko babesakhile nenqaba leyo,

[6]waza wathi: "Xa aba bantu beluhlanga olunye, bekwantetho-nye, sebeqala ngokwenjenje, abanakuxakwa nayintoni na abafuna ukuyenza.

[7]Yizani sihle, ulwimi lwabo silwenze lube yingxuba-kaxaka, khon' ukuze bangevani ngentetho."

[8]Wabathi saa elizweni uNdikhoyo, àbasakha neso sixeko.

[9]Kwathiwa eso sixeko yiBhabheli, kuba kaloku uThixo wasuka wayenza ingxuba-kaxaka intetho yabantu. Ukusuka apho abantu bathi saa elizweni.

Inzala kaShem

(1 Gan 1:24-27)

[10]Nanga amagqabantshintshi ngoShem. Kudlule iminyaka yamibini emva konogumbe, uShem wazala unyana uArpakishadi selenekhulu leminyaka ubudala.

[11]Uhleli amanye amakhulu amahlanu emva koko, wazala abanye abantwana.

[12]Akuba namashumi mathathu anantlanu uArpakishadi, wazala unyana uShela.

[13]Emva koko uhleli amakhulu mane anantathu, wazala nabanye abantwana.

[14]Akuba namashumi mathathu uShela, wazala unyana uHebhere.

[15] Depois do nascimento de Héber, Salá viveu mais quatrocentos e três anos e gerou filhos e filhas.

[15]Wahlala amakhulu mane anantathu emva koko, wazala nabanye abantwana.

[16] Quando Héber completou trinta e quatro anos de idade, gerou Pelegue.

[16]Wayenamashumi mathathu anane uHebhere ukuzala kwakhe unyana uPelegi.

[17] Depois do nascimento de Pelegue, Héber viveu mais quatrocentos e trinta anos e gerou filhos e filhas.

[17]Uhleli amakhulu mane anamashumi mathathu emva koko, wazala abanye abantwana.

[18] Quando Pelegue completou trinta anos de idade, gerou Reú.

[18]UPelege uzele unyana, uRewu, emashumi mathathu ubudala.

[19] Depois do nascimento de Reú, Pelegue viveu mais duzentos e nove anos e gerou filhos e filhas.

[19]Uhleli amakhulu mabini anethoba emva koko, wazala nabanye abantwana.

[20] Quando Reú completou trinta e dois anos de idade, gerou Serugue.

[20]URewu uzele unyana, uSerugi, emashumi mathathu anambini ubudala.

[21] Depois do nascimento de Serugue, Reú viveu mais duzentos e sete anos e gerou filhos e filhas.

[21]Uhleli amakhulu mabini anesixhenxe emva koko, wazala nabanye abantwana.

[22] Quando Serugue completou trinta anos de idade, gerou Naor.

[22]Akuba mashumi mathathu ubudala uSerugi, wazala uNahore.

[23] Depois do nascimento de Naor, Serugue viveu mais duzentos anos e gerou filhos e filhas.

[23]Uhleli amakhulu mabini eminyaka emva koko, wazala nabanye abantwana.

[24] Quando Naor completou vinte e nove anos de idade, gerou Terá.

[24]Wayenamashumi mabini anethoba uNahore ukuzala kwakhe unyana wakhe uTera.

[25] Depois do nascimento de Terá, Naor viveu mais cento e dezenove anos e gerou filhos e filhas.

[25]Emva koko uhleli ikhulu lineshumi elinethoba leminyaka, waza wazala nabanye abantwana.

[26] Quando Terá completou setenta anos de idade, havia gerado Abrão, Naor e Harã.

[26]UTera wayeselenamashumi asixhenxe ukuzala kwakhe uAbram noNahore noHaran.

Inzala kaTera

[27] Eis, portanto, a história da descendência de Terá: Terá gerou Abrão, Naor e Harã, E Harã gerou Ló.

[27]Nanga amagqabantshintshi ngoTera uyise ka-Abram noNahore noHaran. UHaran wazala uLothe,

[28] Harã morreu na presença de seu pai Terá, em sua terra natal, chamada de Ur dos caldeus.

[29] Mais tarde, tanto Abrão como seu irmão Naor casaram-se. O nome da esposa de Abrão era Sarai, e o nome da esposa de Naor era Milca; esta era filha de Harã, pai de Milca e de Isca.

[30] Entretanto, Sarai era estéril, não tinha filhos.

[31] Terá decidiu sair da cidade de Ur, na Babilônia, e rumar para a terra de Canaã. Tomou seu filho Abrão, seu neto Ló, filho de Harã, e sua nora Sarai, mulher de seu filho Abrão, e todos juntos deixaram Ur dos caldeus, mas, havendo chegado em Harã, ali ficaram morando.

[32] E Terá morreu em Harã, com a idade de duzentos e cinco anos.

[28]waza kwayena uHaran watshabela kwakweso sixeko sakubo, iUre kwelamaKaledi. Uyise wayesadla amazimba.

[29]UAbram wathatha uSarayi, waza uNahore yena wathatha uMilika, intombi kaHaran uyise kaIska.

[30]Ke kaloku uSarayi wayengenabantwana, kuba wayengazali.

[31]UTera wafuduka eUre, ehamba noAbram unyana wakhe, kunye nomzukulwana wakhe uLothe, unyana kaHaram, kwakunye noSarayi umolokazana wakhe, umka-Abram. Wemka kwelamaKaledi, wafudukela welaseKanana. Bahamba bada baya kutsho eHaran, bafika bema apho.

[32]Wabhubhela apho eHaran uTera emakhulu mabini anantlanu ubudala.

Gênesis 12

Deus chama Abrão e lhe faz promessas

[1] Então o SENHOR veio a Abrão e lhe ordenou: “Sai da tua terra, da tua parentela e da casa de teu pai, e dirige-te à terra que te indicarei!

[2] Eis que farei de ti um grande povo: Eu te abençoarei, engrandecerei teu nome; serás tu uma bênção!

[3] Abençoarei os que te abençoarem, amaldiçoarei aquele que te amaldiçoar. Por teu intermédio abençoarei todos os povos sobre a face da terra!”

[4] Então partiu Abrão como o orientara o SENHOR, e Ló o acompanhou. Abrão tinha setenta e cinco anos de idade quando saiu das terras de Harã.

Eyeziqalo 12

Ukufuduka kuka-Abram

[1] UNdikhoyo wathi kuAbram: “Lishiye ilizwe lakowenu, izizalwana kunye nekhaya lakho, umke uye kwilizwe endiza kukwalathisa lona.

[2]“Ndiza kukunika inzala eninzi, eya kuba sisizwe esikhulu; ndikunike amathamsanqa, libe nodumo igama lakho, ube lithamsanqa nakwabanye.

[3]Abo bakuthamsanqelisayo nam ndobathamsanqelisa, ndibaqalekise abo bakuqalekisayo. Zonke izizwe zothamsanqeliswa ngawe.”

[4]Wanduluka ke uAbram eHaran ngokomyalelo kaNdikhoyo. Wayemashumi asixhenxe anantlanu ubudala. ULothe naye wahamba kunye noAbram.

[5] Levou consigo sua esposa Sarai, seu sobrinho Ló, todos os bens que haviam conseguido amealhar e todos os escravos comprados em Harã; tomaram o rumo das terras de Canaã e lá chegaram.

[5]UAbram wemka nomkakhe uSarayi, kunye noLothe unyana womninawa wakhe. Wathatha bonke ubutyebi bakhe, kunye nezicaka zakhe azifumene eHaran, wenjenjeya ukubheka eKanana. Bakufika eKanana,

[6] Abrão atravessou toda a terra até o lugar onde ficava uma árvore sagrada chamada Carvalho de Moré, em Siquém. Naquele tempo, os cananeus viviam nessa região.

[6]uAbram wenjenjeya wada waya kugaleleka eShekem kwindawo enomthi kaMore. Ayesemi kwelo zwe ngelo xesha amaKanana.

[7] Então o SENHOR apareceu a Abrão e lhe prometeu: “É à tua descendência que darei esta terra!” E Abrão construiu ali um altar dedicado a Yahweh, porquanto ali o SENHOR havia aparecido e falado com ele.

[7]UNdikhoyo wabonakala kuAbram, wathi: “Nali ke ilizwe eliya kumiwa yinzala yakho.” UAbram ke wenza iqonga apho, wanqula uNdikhoyo owabonakala kuye.

[8] Dali prosseguiu Abrão rumo às colinas a leste de Betel, onde armou seu acampamento, tendo Betel a oeste e Ai a leste. Edificou também nesse lugar um altar em sinal de louvor e adoração ao SENHOR e invocou o Nome de Deus.

[8]Ukusuka apho wabheka ngasemazantsi kweleentaba kwicala langasempuma yesixeko saseBhetele. Wazigxumeka apho iintente, ephahlwe yiBhetele ngasentshona neAyi ngasempumalanga. Nalapho wenza iqonga, wanqula uNdikhoyo.

[9] Mais tarde, Abrão partiu dali e seguiu em direção ao Neguebe, região sul das terras de Canaã.

[9]Wanduluka nalapho, egqitha kwiindawo ngeendawo, ejonge emazantsi eKanana.

Abrão desce ao Egito

UAbram eJiputa

[10] Contudo, sobreveio grande escassez e fome sobre as terras de Canaã, e Abrão desceu para o Egito, para ali viver algum tempo, porquanto a falta de alimentos assolava a terra.

[10]Kwakukho indlala eKanana. Yayinkulu kangangokuba uAbram wehla waya eJiputa, wakha wahlala apho ixeshana.

[11] Quando estavam chegando ao Egito, ocorreu a Abrão propor a Sarai, sua esposa: “Escuta com atenção! Tu és uma mulher muito bonita;

[11]Akufika emideni, wathi kumkakhe uSarayi: “Ndiyazi ukuba umhle gqitha,

[12] portanto, quando os egípcios contemplarem tua formosura se alegarão:

[12]yaye akukubona amaJiputa, aza kuthi ungumkam, aze andibulale mna, akushiye wena.

'É a mulher dele!' e me matarão, preservando a tua vida.

[13] Sendo assim, suplico-te, dize que és minha irmã, para que me tratem bem por consideração a ti e, por tua causa, conservem também a minha vida!"

[14] De fato, quando Abrão chegou ao Egito, os egípcios viram que Sarai era uma mulher muito bela.

[15] Viram-na os oficiais da corte de Faraó e a elogiaram sobremaneira diante do seu monarca, e Sarai foi levada ao palácio de Faraó.

[16] Este, por causa dela, tratou muito bem a Abrão, que recebeu ovelhas, bois, jumentos e jumentas, servos e servas, e vários camelos.

[17] Contudo, por causa de Sarai, o SENHOR Deus castigou Faraó, sua família, e toda a sua corte, com doenças horríveis.

[18] Por esse motivo, certo dia Faraó ordena que Abrão seja trazido à sua presença e indaga-lhe: "Que é isto que me fizeste? Por que não me declaraste que ela era tua mulher?

[19] Por que alegaste: 'Ela é minha irmã!', de modo que eu a tomasse como minha mulher? Agora, portanto, eis a tua mulher de volta: toma-a e vai-te!"

[20] Em seguida, Faraó deu ordens expressas para que todo o necessário fosse providenciado a fim de que Abrão deixasse imediatamente o Egito, levando consigo sua mulher e tudo o que possuía.

Gênesis 13

Abrão volta do Egito

[13]Uze uthi ke ungudade wethu. Aya kundiphatha kakuhle ke ngenxa yakho, angandibulali."

[14]Akugqitha emideni engena eJiputa, amaJiputa akhangwa bubuhle bomka-Abram.

[15]Amaphakathi kakumkani athi nawo akumbona abuncoma ubuhle bakhe kukumkani. Wathathwa ke, waya kuhlala ebhotwe kwakumkani.

[16]Ukumkani wamphatha kakuhle uAbram ngenxa yomkakhe, wamphawulela imihlambi yeegusha neebhokhwe, iinkomo needonki, izicaka neenkamela.

[17]Kodwa ngenxa yokuthathwa kukaSarayi ngukumkani, uNdikhoyo wathumela izibetho zezifo kukumkani nakubantu bonke bakomkhulu.

[18]Waza ke ukumkani wabiza uAbram, wathi: "Yintoni le nto undenze yona? Kutheni ungandixelelanga nje ukuba ngumkakho lo?

[19]Kutheni usithi ngudade wenu nje, undiyeke ndimenze umkam? Nanko ke umkakho; mthathe umke naye."

[20]Ukumkani wayalela amadoda ukuba uAbram makakhutshelwe ngaphandle kwemida yelo zwe, emke nomkakhe, nayo yonke impahla yakhe.

Eyeziqalo 13

Ukwahlukana kuka-Abram noLothe

[1] Do Egito, Abrão, com sua mulher e tudo o que possuía, subiu em direção ao sul de Canaã. E Ló, seu sobrinho, foi com ele.

[2] Abrão havia enriquecido muito, era proprietário de muitas cabeças de gado, possuía muita prata e ouro também.

[3] Ele partiu do Neguebe rumo à cidade de Betel, indo de um lugar a outro, até que chegou a uma região que fica entre Betel e Ai, onde já havia estabelecido seu acampamento, no passado.

[4] Abrão voltou ao altar que ele mesmo havia edificado e adorou a Deus, invocando o Nome do SENHOR.

[5] Ló, que seguia a Abrão, tinha igualmente ovelhas, bois e tendas.

[6] A terra, todavia, tornou-se insuficiente para abrigar os dois morando na mesma região, isso porque possuíam tantos bens, servos e animais que a terra não conseguia sustentar a todos.

Abrão e Ló separam-se

[7] Por esse motivo, os homens que zelavam dos animais de Abrão brigavam com os que tomavam conta dos animais de Ló. E, nessa época, os cananeus e os ferezeus ainda habitavam essas terras.

[8] Então Abrão propõe a Ló: “Que não haja discórdia entre mim e ti, nem desavenças entre meus pastores e os teus pastores; afinal somos irmãos!

[9] Vê! Toda a terra não está diante de ti? Peço-te, portanto, que te apartes de mim.

[1]Ukuphuma kwakhe eJiputa uAbram wabheka ngasentla emazantsi aseKanana, ehamba nomkakhe, nemfuyo yakhe yonke, uAbram, eneegusha neebhokhwe kwakunye noLothe.

[2]Wayefumile neenkomo, enayo nesiliva negolide.

[3]Nalapho wemka, edlula kwiindawo ngeendawo, esingise eBhetele.

[4]Wafika kulaa ndawo wakha wagxumeka kuyo iintente kuqala, leya iphahlwe yiBhetele neAyi, apho wayenzele khona uThixo iqonga, wanqula khona uNdikhoyo.

[5]ULothe naye wayeneegusha neebhokhwe neenkomo, nentsapho nezicaka zakhe.

[6]Ngoko ke amadlelo akazange ayanele impahla yabo eninzi, nomhlaba wokuhlala awabanela.

[7]Kwabakho ingxwaba-ngxwaba phakathi kwamadoda alusa impahla ka-Abram namadoda alusa ekaLothe. AmaKanana namaPerezi ayesahlala kwelo zwe.

[8]UAbram wathi kuLothe: “Siyazalana, mfondini; masingabhidani, namadoda ethu makangalwi.

[9]Kungcono sahlukane; umhlaba uphangalele. Zikhethele nayiphi na indawo, uye kwelo cala, mna ndiye kwelinye.”

Se tomares a esquerda, irei para a direita; se tomares a direita, irei para a esquerda!”

10 Então Ló ergueu os olhos e observou toda a planície do Jordão, que era toda irrigada, até Zoar; era como o jardim do SENHOR, como as terras férteis do Egito. Isso aconteceu antes de o SENHOR destruir Sodoma e Gomorra.

11 Ló escolheu para si todo o vale do Jordão e partiu rumo a leste. Assim, os dois se separaram;

12 Abrão ficou na terra de Canaã, porém, Ló mudou seu acampamento e todos os seus bens para um lugar próximo a Sodoma, entre as cidades do vale.

13 Ora, as pessoas que viviam em Sodoma eram extremamente malignas e praticavam pecados horríveis contra o SENHOR.

14 Então, depois que Ló foi embora, prometeu o SENHOR Deus a Abrão: “Ergue teus olhos e observa bem, do lugar em que estás, para o norte e para o sul, para o oriente e para o ocidente.

15 Toda a terra que vês, Eu ta darei, a ti e à tua descendência, para sempre.

16 Tornarei a tua posteridade como poeira da terra: quem tiver a capacidade de contar os grãos de poeira da terra poderá também contar o número dos teus descendentes!

17 Levanta-te! Percorre essa terra no seu comprimento e na sua largura, porquanto Eu ta darei!”

10Wakhangela uLothe, waphawula ukuba yonke loo ntili yeJordan ukuya kuma ngeZoware, yayingumhlaba onamanzi. Wawufana nomyezo kaNdikhoyo, ufana nqwa nelaseJiputa. Ngeli xesha kwakungaphambi kokutshatyalaliswa kweSodom neGomora.

11ULothe wayithatha yonke loo ntili yeJordan, wenjenjeya ukubheka ngasempumalanga. Aba ayahlukana njalo loo madoda mabini.

12Wasala kwilizwe laseKanana uAbram, uLothe yena wagxumeka iintente kuloo ntili iphakathi kwezo zixeko zingaseSodom.

13Abantu baseSodom babegwenxa, bemona gqitha uNdikhoyo.

UAbram uya eHebron

14Akuba emkile uLothe, uNdikhoyo wathi kuAbram: “Bheka-bheka ukhangele kakuhle macal' onke ukuloo ndawo umi kuyo.

15Wonke loo mhlaba uwubonayo ndiza kuwunika wena kunye nenzala yakho. Niya kuwuma ngalo lonke ixesha.

16Ndiza kukunika inzala eninzi, ibe yinyambalala engaphezu kwentlabathi, engenakubalwa mntu.

17Hamba ke, uye kuwuhlola macal' onke loo mhlaba, kuba ndikunika wona.”

[18] Então Abrão mudou com todas as suas tendas e foi estabelecer-se próximo à região sagrada dos carvalhos de Manre, na cidade de Hebrom, onde construiu um altar dedicado ao SENHOR.

[18]UAbram ke wazikhulula iintente, wemka waya kuma ngakwimithi yaseMamre eHebron, apho wamenzela khona uNdikhoyo iqonga lamadini.

Gênesis 14

Guerra de quatro reis contra cinco

[1] Naquele tempo, Anrafel, rei de Sinear; Arioque, rei de Elasar; Quedorlaomer, rei de Elão; e Tidal, rei de Goim,

[2] saíram à guerra contra Bera, rei de Sodoma; contra Birsa, rei de Gomorra; contra Sinabe, rei de Admá; contra Semeber, rei de Zeboim; e contra o rei de Belá, que é Zoar.

[3] Todos esses últimos juntaram seus exércitos no vale de Sidim, onde fica o mar do Sal.

[4] Por doze anos ficaram sujeitos a Quedorlaomer, mas no décimo terceiro ano revoltaram-se.

[5] No décimo quarto ano, Quedorlaomer e os reis que a ele tinham-se aliado derrotaram os refains em Asterote-Carnaim, os zuzins em Hã, os emins em Savé-Quiriataim,

[6] e os horeus desde os montes de Seir até El-Parã, próximo ao deserto.

[7] Depois, voltaram e foram para En-Mispate, que é Cades, e conquistaram todo o território dos amalequitas e dos amorreus que viviam em Hazazom-Tamar.

[8] Então os reis de Sodoma, de Gomorra, de Admá, de Zeboim e de Beta, que é Zoar,

Eyeziqalo 14

UAbram uhlangula uLothe

[1]Kwaqubisana emfazweni iikumkani ezine: uAmrafele waseBhabheli, uAriyoki wase-Elazare, uKedor-lahomere wase-Elam, kunye noTidali waseGoyi.

[2]Yayilidabi neekumkani ezintlanu: uBhera waseSodom, uBhisha waseGomora, uShinabhi waseAdama, uShenebhere waseZebhoyim, nekumkani yaseBhela ekwakusithiwa yiZoware.

[3]Zontlanu ezi kumkani zaqukanisa imikhosi yazo entilini yeSidim, ngoku eluLwandle oluFileyo.

[4]Zaziphantsi koKedor-lahomere ishumi elinambini leminyaka. Zamvukela kodwa kulo weshumi elinantathu.

[5]Kunyaka weshumi linane uKedor-lahomere namakholwane akhe badibanisa imikhosi yabo, bawachitha amaRafa eAshtaroti-karnayim, amaZuzi eHam, namaEma ethafeni laseKiriyatayim.

[6]AmaHori bawadudula kwezo nduli zaseSeyire, bawasukela aya kutsho e-Elparan ngasentlango.

[7]Babuyela eKadeshe, ekwakusithiwa yiEn-mishpati ngoko. Balihlutha lonke ilizwe lama-Amaleki nama-Amori awayemi eHazezon-tamare.

[8]Zaphuma iikumkani zaseSodom, eGomora, eAdama, eZebhoyim, naseBhela, le kuthiwa

marcharam e tomaram posição de combate no vale de Sidim,

[9] contra Quedorlaomer, rei de Elão, contra Tidal, rei de Goim, contra Anrafel, rei de Sinear, contra Arioque, rei de Elasar: quatro reis contra cinco!

[10] Ora, o vale de Sidim estava repleto de poços de betume; os reis de Sodoma e de Gomorra fugiram; alguns dos seus homens caíram nos poços e o restante conseguiu fugir para os montes.

[11] Tomaram, portanto, todos os bens de Sodoma e de Gomorra e todo o seu mantimento, e se foram.

Ló é levado cativo

[12] Apossaram-se também de Ló, filho do irmão de Abrão, que morava em Sodoma, e dos seus bens, e partiram.

[13] Contudo, veio um, que escapara, e deu a notícia a Abrão, o hebreu; este habitava junto aos carvalhais de Manre, o amorreu. Manre e seus irmãos Escol e Aner eram aliados de Abrão.

[14] Quando Abrão ouviu que seu parente fora levado prisioneiro, mandou convocar os melhores trezentos e dezoito homens treinados para a guerra, nascidos em sua propriedade, e partiu em perseguição aos inimigos de Dã.

[15] Atacou-os durante a noite em grupos, e assim os venceu, perseguindo-os até Hobá, ao norte de Damasco.

[16] Conseguiu recuperar todos os bens e trouxe de volta seu parente Ló com tudo o

yiZoware, zayikhupha imikhosi yazo ukusinga edabini kuloo ntili yaseSidim.

[9]Zaqubisana apho ezi kumkani zintlanu neekumkani ezine: ooKedor-lahomere wase-Elam, noTidali waseGoyi, noAmrafele waseBhabheli, noAriyoki wase-Elasare.

[10]Kuloo ntili kwakukho imihadi enetha. Zithe xa zibalekayo edabini iikumkani zaseSodom naseGomora, amanye amajoni eyela kuloo mihadi. Asindileyo abalekela ezintabeni.

[11]Iikumkani ezine zathimba yonke into eSodom naseGomora, zemka kunye nokutya.

[12]ULothe unyana womninawa ka-Abram wayehlala eSodom, zamthimba kunye nempahla yakhe.

[13]Kwabakho ndoda ithile yasindayo, eyabaleka yaya kuxelela uAbram umHebhere owayehlala ngakwimithi kaMamre umAmori. UMamre nabantakwabo uEshkoli noAnere babengamakholwane ka-Abram.

[14]Akuva uAbram ukuba isizalwane sakhe sithinjiwe, wabiza onke amadoda akhe. Ayengamakhulu amathathu aneshumi elinesibhozo ewonke. Wazisukela zone ezo kumkani, wada waya kutsho kwaDan.

[15]Wawahlula angamaqela ngamaqela amadoda akhe, wawuhlasela loo mkhosi kwakuhlwa. Wawoyisa, wawusukela waya kufika eHobha entla kweDamasko.

[16]Wabuya nawo amaxhoba ababewahluthile. Wabuya naye noLothe nempahla yakhe, kunye nabafazi nezicaka.

que possuía, juntamente com as mulheres e todos os demais prisioneiros.

[17] Após voltar Abrão de sua vitória sobre Quedorlaomer e sobre os reis que estavam com ele, saiu-lhe ao encontro o rei de Sodoma, no vale de Savé, que é o vale do Rei.

Melquisedeque abençoa a Abrão

[18] Então Melquisedeque, rei de Salém e sacerdote do Deus Altíssimo, trouxe pão e vinho

[19] e abençoou Abrão, dizendo: "Bendito seja Abrão pelo Deus Altíssimo, que criou os céus e a terra!

[20] Seja louvado o Deus Altíssimo, que entregou teus inimigos nas tuas mãos!" Então Abrão lhe entregou o dízimo de tudo.

[21] Mais tarde, o rei de Sodoma propôs a Abrão: "Dá-me as pessoas, e os bens poderão ficar todos contigo!"

[22] Mas Abrão declarou ao rei de Sodoma: "Ergo minhas mãos em adoração ao SENHOR, o Deus Altíssimo, Criador dos céus e da terra,

[23] e juro que não ficarei com nada do que é teu, nem um fio de linha ou uma tira de sandália, para que jamais venhas a reclamar: "Abrão ficou rico à minha custa!"

[24] Nada quero para mim, senão o que os meus servos comeram e a porção pertencente a Aner, Escol e Manre, os quais me acompanharam. Que eles recebam seu devido quinhão!

Gênesis 15

Deus anima a Abrão e promete-lhe um filho

UMelkizedeki uthamsanqelisa uAbram

[17]Ukubuya kwakhe uAbram ekulweni noKedor-lahomere namakholwane akhe, wahlangatyezwa ngukumkani waseSodom entilini yaseShawe, ekuthiwa yiNtili kaKumkani.

[18]UMelkizedeki owayengukumkani waseSalem ekwangumbingeleli woThixo uPhezukonke, weza nesonka newayini.

[19]Wathamsanqelisa uAbram esithi: "UThixo uPhezukonke, owênza izulu nomhlaba, wanga angakuthamsanqelisa, Abram!

[20]UThixo uPhezukonke okoyiseleyo iintshaba zakho, makadunyiswe." Waza ke uAbram wakhupha izishumi zamaxhoba emfazwe, wanikela kuMelkizedeki.

[21]Wathi ukumkani waseSodom kuAbram: "Wathathe onke amaxhoba, undinike nje abantu bam."

[22]Wathi uAbram: "Ndiyafunga, uThixo uyazi, uNdikhoyo uPhezukonke, umenzi wezulu nelizwe!

[23]Andiyi kuthatha nto yakho konke, nditsho nokuba ngumsonto lo okanye umtya wembadada. Ndifuna ungaze utsho ukuthi: 'UAbram watyetyiswa ndim.'

[24]Mna andiyi kuthatha nto konke, ngaphandle nje kokutya okutyiwe ngabantu bam. Kodwa wona amakholwane am, uAnere noEshkoli noMamre, mabayifumane bona eyabo inxaxheba."

Eyeziqalo 15

Umnqophiso kaThixo noAbram

[1] Passados esses acontecimentos, o SENHOR falou a Abrão, por intermédio de uma visão: “Não temas, Abrão! Eu Sou o teu escudo; e grande será a tua recompensa!”
[2] Contudo, Abrão declarou: “Ó Todo-Poderoso SENHOR, meu Deus! De que valerá uma grande recompensa se continuo sem filhos? Eliézer de Damasco é quem vai herdar tudo o que tenho.
[3] Tu não me concedeste descendência, e por esse motivo um dos meus servos, nascido na minha casa, será o meu herdeiro!”
[4] Então imediatamente lhe assegurou o SENHOR: “Não será Eliézer o teu herdeiro; mas, sim, filho gerado de ti mesmo será o teu legítimo herdeiro!”

[5] Então o SENHOR conduziu Abrão para fora da tenda e orientou-o: “Olha para os céus e conta as estrelas, se é que o podes”. E prometeu: “Será assim a tua posteridade!”

[6] Abrão creu no SENHOR, e isso lhe foi creditado como justiça.
[7] Declarou ainda mais o SENHOR a Abrão: “Eu Sou o SENHOR que te tirei de Ur dos caldeus, para dar-te por herança esta terra!”
[8] Indagou-lhe Abrão: “Ó soberano SENHOR, como posso saber que tomarei posse desta terra?”
[9] Então ordenou-lhe o SENHOR: “Toma-me uma novilha, uma cabra e um cordeiro, cada qual de três anos de vida, e também uma rolinha e um pombinho”.
[10] Abrão trouxe todos esses animais, cortou-os ao meio e colocou cada metade

[1]Emva koku uAbram waba nombono apho weva uNdikhoyo esithi: “Uze ungoyiki, Abram, ndim oya kukukhusela; ikwandim oya kukubonelela kanobom.”
[2]Uphendule wathi uAbram: “Mhlekazi Ndikhoyo, iya kundinceda ntoni loo nto? Yintoni ongandibonelela kuyo ndingenabantwana nje? Nàlo uza kuba yindlalifa yam nguElizere waseDamasko.”

[3]Kwakhona uAbram uthe: “Akukho nzala undinike yona; ke sisicaka sam esiza kuba yindlalifa yam.”

[4]Uthe ke uNdikhoyo ebhekisa kuAbram: “UElizere akayi kuba yindlalifa yakho. Ngunyana wakho nqo oya kuba yindlalifa yakho.”
[5]UNdikhoyo wamkhuphela ngaphandle kwendlu uAbram, wathi: “Khangela esibhakabhakeni, uzibale iinkwenkwezi ezilapho, ukuba ungaba nako. Boba baninzi kangako abazukulwana bakho.”
[6]UAbram walibeka kuNdikhoyo ithemba lakhe, waza ngenxa yoko wenziwa ilungisa.
[7]Waqokela wathi kuye uNdikhoyo: “NdinguNdikhoyo owakukhupha kwilizwe lakowenu eUre yelamaKaledi, ukuze uze kuma kulo mhlaba, ube ngowakho.”
[8]Ke yena uAbram wabuza wathi: “Mhlekazi Ndikhoyo, ndingaqonda njani ukuba lo mhlaba woba ngowam?”
[9]Uthe uNdikhoyo: “Ndizisele ithokazi lenkomo, nemazi yebhokhwe, nenkunzi yegusha, zonke zibe minyaka mithathu, kunye nehobe nevukuthu.”
[10]Weza nazo uAbram ezo zinto, wazahlula kubini, waza wazidwelisa, icala ngalinye

em frente à outra parte; as aves, no entanto, ele não cortou.

11 Em seguida, aves de rapina começaram a descer sobre os cadáveres expostos, mas Abrão as enxotava.

12 Ao pôr-do-sol, Abrão foi tomado de um sono profundo, e eis que vieram sobre ele trevas densas e assustadoras.

13 Então o SENHOR falou a Abrão: “Sabe, com toda a certeza, que a tua posteridade será peregrina em terra alheia, e será reduzida à escravidão, e será afligida por quatrocentos anos.

14 Contudo Eu julgarei e castigarei a nação que a fizer sujeitar-se à escravidão; e depois de muitas aflições, teus descendentes sairão livres, levando muitas riquezas!

15 Tu, porém, gozarás de uma velhice abençoada, morrerás em paz, serás sepultado e irás reunir-te com os teus pais no mundo dos mortos.

16 Depois de quatro gerações, teus descendentes retornarão para estas terras; porquanto não expulsarei os amorreus até que eles se tornem tão malignos, que mereçam ser severamente castigados.

Deus faz um pacto com Abrão

17 Com a chegada da noite veio a escuridão. De repente, surgiu um braseiro que soltava fumaça, e uma tocha de fogo. E o braseiro e a tocha passaram pelo meio dos animais divididos.

18 Naquele mesmo momento fez o SENHOR a seguinte aliança com Abrão: “Aos teus descendentes dei esta terra, desde o ribeiro do Egito até o grande rio, o Eufrates:

lamelana nelinye. Iintaka zona akazange azahlule kubini.

11Kwandanda amaxhalanga phezu kwaloo nyama yezo zinto, kodwa uAbram wawagxotha.

12Ukutshona kwelanga wehliwa bobunzulu ubuthongo uAbram. Wangenwa luvalo naluloyiko.

13UNdikhoyo wathi kuye: “Inzala yakho iya kuba ngabangeneleli kumhlaba wasemzini, uze uyazi loo nto. Apho baya kuba ngamakhoboka, baphathwe gadalala amakhulu amane eminyaka.

14Kodwa ndosohlwaya eso sizwe sibaphethe kakubi; baya kuthi xa bemkayo apho bahambe namaxhoba.

15Wena ke kambe uza kuhlala udle ubomi ude ukhokhobe, amathambo akho afihlwe ngakookhokho bakho.

16Inzala yakho yobuyela apha emva kwezizukulwana ezine. Kaloku andiyi kuwakhupha kwangoku ama-Amori, bude buzaliseke ubugwenxa bawo.”

17Kuthe kwakurhatyela, kwathi gqi imbiza iqhuma, nesikhuni esivuthayo, zadlula phakathi kwaloo mkrozo wenyama.

18Waza ke uNdikhoyo wathi kuAbram esenza umnqophiso: “Ndiyathembisa ukuba wonke lo mhlaba, ukususela kwimida yeJiputa kuye kuthi xhaxhe ngomlambo iEfrati, ndiza kuwunika inzala yakho,

[19] a terra dos queneus, dos quenezeus, dos cadmoneus,
[20] dos hititas, dos ferezeus, dos refains,
[21] dos amorreus, dos cananeus, dos girgaseus e dos jebuseus!"

Gênesis 16

Agar é dada por mulher a Abrão

[1] A mulher de Abrão, Sarai, não lhe dera filho. Mas tinha uma serva egípcia, chamada Hagar.

[2] Então Sarai propôs a Abrão: "Ouve, eu te peço: o SENHOR não permitiu que eu desse à luz. Portanto, toma a minha serva. Talvez, por intermédio dela, eu venha a ter filhos".

[3] E assim, depois de dez anos em que Abrão habitava na terra de Canaã, sua esposa Sarai tomou Hagar, a egípcia, e a entregou como mulher a seu marido, Abrão.
[4] Este teve relações sexuais com Hagar, que ficou grávida. Quando Hagar se viu grávida, começou a olhar sua senhora com arrogância e desprezo.
[5] Então Sarai queixou-se a Abrão: "Tu és responsável pela injúria que me está sendo feita! Coloquei minha serva entre teus braços e, desde que se viu grávida, ela começou a tratar-me com desprezo. Que o SENHOR faça cair sobre ti a afronta que venho sofrendo!"
[6] Mas Abrão ponderou: "Pois bem, tua serva está em tuas mãos; faze-lhe como melhor te parecer". A partir desse momento Sarai passou a maltratar sua serva de tal maneira, que Hagar fugiu.

[19]ndawonye nomhlaba wamaKeni, amaKinazi, amaKadimon,
[20]amaHeti, amaPerezi, namaRafa; ama-Amori, amaKanana, amaGirgashi, kunye namaJebhusi."

Eyeziqalo 16

UAbram noSarayi noHagare

[1]Umka-Abram uSarayi wayengazali. Wayenesicakakazana somJiputakazi esigama linguHagare.
[2]Wathi ke uSarayi kuAbram: "Ndiyabona ukuba uNdikhoyo akandiphanga inzala. Ungangeni uHagare nje, isicakakazi sam? Mhlawumbi angandizalela unyana yena." UAbram wavuma.
[3]USarayi ke wamnikezela uHagare abe ngumfazi omncinci ka-Abram. Le nto yehla selehleli ishumi leminyaka uAbram eKanana.
[4]UAbram wadibana noHagare, waza uHagare wakhulelwa. Uthe ke akuziqonda ukuba ukhulelwe, waqhosha wamdela uSarayi.

[5]USarayi ke uthe kuAbram: "Endidela nje uHagare lo, kungenxa yakho. Kanti ke wawumnikwe ndim lo, seleqhosha nje akuzibona ekhulelwe. Ngamana uNdikhoyo angahlula oyena unyanisileyo phakathi kwam nawe."

[6]Uphendule wathi uAbram: "Kulungile kaloku, sisicakazana sakho; uphantsi kwakho uHagare. Yenza into oyibonayo kaloku." USarayi ke wamphatha gadalala uHagare, wada wabaleka wemka.

[7] Contudo, o Anjo do SENHOR encontrou Hagar perto de uma fonte no deserto, no caminho de Sur,
[8] e indagou-lhe: “Hagar, serva de Sarai, de onde vens e para onde vais?” Ao que ela declarou: “Fujo da presença de minha senhora Sarai”.
[9] Então o Anjo do SENHOR orientou-a: “Volta para a tua senhora e sê-lhe submissa!”
[10] O Anjo do SENHOR lhe prometeu: “Eu multiplicarei grandemente a tua descendência, de tal maneira que não será possível contá-la!”
[11] E o Anjo do SENHOR concluiu: “Estás grávida e darás à luz um filho, e tu lhe darás o nome de Ismael, porquanto Yahweh te socorreu em teu sofrimento.

[12] Contudo ele será como um jumento selvagem do deserto; ele lutará contra todos e todos guerrearão contra ele. Ele viverá em hostilidade contra todos os seus parentes!”

[13] A Yahweh, que lhe falou, Hagar deu este nome: “Tu és El-Roí, o Deus que Me Vê”, pois Deus havia falado com ela, e ela questionara a si mesma: “Teria eu visto Aquele que Me Vê?”
[14] É por esse motivo que este poço, que fica entre Cades e Berede, foi chamado de Beer-Laai-Roí, “Poço Daquele que Vive e Me Vê”.
[15] Hagar deu à luz um filho de Abrão, e este deu ao menino o nome de Ismael.
[16] Abrão tinha oitenta e seis anos quando Hagar o fez pai de Ismael.

Gênesis 17

Deus muda o nome de Abrão

[7]Isithunywa sikaNdikhoyo sadibana noHagare ngasemthonjeni osentlango ngasendleleni ebheka eShure.
[8]Sathi kuye: “Hagare, sicakazana sikaSarayi, uvela phi, usiya phi?” Waphendula wathi: “Ndibaleka uSarayi inkosikazi endikhonza yona.”

[9]Sithe ke kuye isithunywa: “Buyela kwakuye ke, umthobele.”

[10]Siphinde sathi: “Ndokunika abantwana abangenakubalwa mntu ngenxa yobuninzi babo.”
[11]Isithunywa sikaNdikhoyo saqokela sathi: “Ukhulelwe nje uza kuzala inkwenkwe. Uze uthi nguIshmayeli igama layo, kuba kaloku uNdikhoyo uyivile intlungu yakho.
[12]Kodwa yena unyana wakho uya kuziphatha okweqwarha; uya kuchasa wonke ubani, angafunwa ngumntu wonke naye. Uya kuhlala elikheswa phakathi kwabantu bakowabo.”

[13]UHagare wathi khumnqa, wathi ke ukumbiza loo Ndikhoyo ambonileyo nguThixo obonayo, kuba esithi: “Ngoku ndimbonile ondibonayo.”
[14]Yiyo ke loo nto abantu bathi loo mthombo uphakathi kweKadeshe neBherede ngumthombo kaPhila-endibonile.
[15-16]UHagare wazala inkwenkwe, wathi ke uAbram igama layo nguIshmayeli. Wayemashumi asibhozo anesithandathu ubudala uAbram ukuzala kwakhe unyana.

Eyeziqalo 17

Ulwaluko, umqondiso womnqophiso

[1] Quando Abrão completou noventa e nove anos, o SENHOR lhe apareceu e declarou: “Eu Sou El-Shaddai, Deus Todo-Poderoso, anda na minha presença e sê íntegro!

[1]Akuba mashumi asithoba anethoba ubudala uAbram, wabonakala kuye uNdikhoyo, wathi: “Mna ndinguThixo uSomandla. Uze undithobele, uhlale ungasoleki.

[2] Eis que estabeleço a minha Aliança entre mim e ti, e multiplicarei grandemente a tua descendência”.

[2]Ndowugcina umnqophiso wam, ndikunike inzala eninzi.”

[3] Então Abrão prostrou-se, rosto em terra, e Deus lhe prometeu:

[3]Wakhahlela uAbram, ubuso baya kuthi ngqu phantsi; waza uThixo waqhuba wathi:

[4] “Quanto a mim, eis a minha Aliança contigo: serás pai de uma multidão de nações.

[4]“Ndikunika lo mnqophiso; ndithi uya kuba ngukhokho wezizwe ezininzi.

[5] E não mais te chamarás Abrão, mas doravante teu nome será Abraão, pois Eu te faço ‘pai de muitas nações’.

[5]Akusayi kuthiwa Abram kuwe; uya kuba nguAbraham, kuba uza kuba ngukhokho wezizwe ngezizwe.

[6] Eu te tornarei extremamente fecundo, de ti farei nações, e reis sairão de ti.

[6]Ndiza kukupha inzala eninzi; abanye kuyo boba ziikumkani; kuya kuvela izizwe kuwe.

[7] Estabelecerei minha Aliança entre mim e ti, e teus futuros descendentes, de geração em geração, uma Aliança perpétua, para ser o teu Deus e o Deus te tua raça, depois de ti.

[7]“Andiyi kuwujika umnqophiso wam endiwenze nawe kunye nenzala yakho; uya kuhlala uhleli. Ndoba nguThixo wakho nenzala yakho.

[8] A ti, e à tua descendência depois de ti, darei a terra que hoje habitas como estrangeiro, toda a terra de Canaã, em possessão eterna, e Eu serei o vosso Deus!”

[8]Lo mhlaba ungumfiki kuwo, ndiza kukunika wona uwume kunye nenzala yakho. Wonke umhlaba waseKanana uya kumiwa yinzala yakho ngalo lonke ixesha, mna ndibe nguThixo wabo.”

[9] Declarou também Deus a Abraão: “Quanto a ti, obedecerás à minha Aliança, tu e todos os teus descendentes, de geração em geração.

[9]Waqokela wathi uThixo kuAbraham: “Nawe ke, kwakunye nenzala yakho ngokunjalo, ze niwugcine umnqophiso wam nakwizizukulwana ezizayo.

[10] E eis a minha Aliança contigo e com toda a tua descendência futura, Aliança que deverá ser guardada de geração em geração: Todos os do sexo masculino entre vós deverão ser circuncidados na carne.

[10]Nantsi into emaniyenze nina ukuwugcina kwenu umnqopiso wam: Wena kufuneka waluke, kwaluke lonke iduna phakathi kwabantu bakho.

[11] Fareis circuncidar a carne de vosso prepúcio, e essa será a marca da Aliança entre mim e vós.

[12] De tua geração em diante, todos os meninos, ao completarem oito dias de vida, terão de passar ao fio da circuncisão. Tanto os nascidos em tua casa quanto os escravos, e os que forem comprados por dinheiro a algum estrangeiro e que não pertençam à tua raça.

[11-12]Ukususela ngoku wonke umntwana oyinkwenkwe kufuneka aluke eneentsuku ezisibhozo ubudala; nditsho nkqu nezicaka ezizalelwe phantsi kwakho kwanezo zingeneleleyo. Lowo ke uya kuba ngumqondiso womnqophiso phakathi kwakho nam.

[13] Sejam nascidos em tua casa, sejam comprados, todos terão de ser circuncidados. Minha Aliança, marcada em vossos corpos, será uma Aliança perpétua!

[13]Makwaluke wonke umntu, oyinzalelwane kwanothengiweyo, ube ngumqondiso obonakalayo lowo wokuba umnqophiso wam nawe awusoze uphele.

[14] Portanto, qualquer sexo masculino cuja carne do prepúcio não tiver sido cortada, mantendo-se incircunciso, será eliminado do meio do seu povo: ele rompeu a minha Aliança!”

[14]Nawuphi na umntu oliduna ongalukanga uya kuhlanjwa ngamawabo, kuba kaloku uwutyeshele umnqophiso wam.”

Deus muda o nome de Sarai

[15] E determinou Deus a Abraão: “A tua mulher Sarai, não mais a chamarás de Sarai, mas seu nome passa a ser Sara.

[15]Uqhube wathi uThixo kuAbraham: “Uze ungabuye uthi Sarayikumkakho, yithi Sara.

[16] Eu a abençoarei, e também por intermédio dela te darei um filho. Em verdade eu a abençoarei, e dela procederão muitas nações e grandes reis!”

[16]Ndiza kumthamsanqelisa, ndimenze akuzalele unyana. Ndiza kumsikelela abe ngunina wezizwe ngezizwe. Uya kuzala neekumkani.”

[17] Abraão ajoelhou-se, encostou seu rosto no chão e começou a sorrir, ao pensar assim: “Por acaso um homem de cem anos pode ser pai? E será que Sara, com seus noventa anos, poderá conceber e dar à luz um filho?”

[17]Waqubuda uAbraham, waya kuthi ngqu ngobuso phantsi. Wasuka waphela yintsini akucinga ukuba umntu onekhulu leminyaka angazala umntwana. Yena uSara enamashumi alithoba nje, angamfumana umntwana?

[18] Então Abraão sugeriu a Deus: “Concede, pois, ó SENHOR, que Ismael seja abençoado e se torne meu herdeiro”.

[18]Wathi uAbraham kuThixo: “Kutheni ungaseluyeka nje ibe ngulshmayeli indlalifa yam?”

[19] Ao que Deus lhe contestou: “O que Eu disse foi que Sara, tua esposa, lhe dará um filho. E tu lhe darás o nome de Isaque. Eu manterei a minha Aliança com ele e com todos os seus descendentes, para sempre!

[19]Uthe uThixo: “Hayi, uSara umkakho uza kuzala inkwenkwe. Uzuthi nguIsake igama layo. Umnqophiso wam ndowugcina kuye nakwinzala yakhe ngalo lonke ixesha, ingumnqophiso ongayi kujika nanini na.

[20] Entretanto, também compreendi o teu pedido a respeito de Ismael; e Eu o abençoarei e lhe darei muitos filhos e uma multidão de descendentes. Ele será pai de doze príncipes, e Eu farei que os descendentes dele sejam uma grande nação.

[20]Ndikuvile ucelela uIshmayeli, naye ndiza kumthamsanqelisa abe nabantwana abaninzi nesizukulwana esikhulu. Uya kuba nguyise weenkosi ezilishumi elinambini. Inzala yakhe iya kuba sisizwe esikhulu.

[21] Todavia, a minha Aliança Eu manterei com Isaque, teu filho, que Sara dará à luz nesta mesma época, no ano que vem!”

[21]Kodwa wona umnqophiso wam ndiya kuwugcinela unyana wakho uIsake, oya kuzalwa nguSara malunga neli xesha kunyaka ozayo.”

[22] Assim que terminou de falar com Abraão, Deus subiu e retirou-se da presença dele.

[22]Akuba etshilo kuAbraham uThixo wemka.

A instituição da circuncisão

[23] Naquele mesmo dia, Abraão tomou seu filho Ismael, todos os nascidos em sua casa e os que foram comprados, todos do sexo masculino de sua casa, e os circuncidou, como Deus lhe ordenara.

[23]Kwangaloo mini uAbraham wamthobela uThixo, wamalusa uIshmayeli nawo onke amanye amaduna emzini wakhe. Walusa izicaka ezazalelwa kwakhe, kwanezo zazithengiwe.

[24] Abraão tinha exatamente noventa e nove anos de idade quando foi circuncidado;

[24]Ukwaluka kwakhe uAbraham wayemashumi alithoba anethoba ubudala.

[25] e seu filho Ismael tinha treze anos;

[25]Ukwaluka kwakhe uIshmayeli unyana ka-Abraham wayeneshumi elinesithathu leminyaka ubudala.

[26] Abraão e seu filho foram circuncidados naquele mesmo dia.

[26]Bobabini baluka ngamini-nye,

[27] Juntamente com Abraão foram circuncidados todos os homens de sua casa, tanto os nascidos em casa como os comprados de estrangeiros.

[27]kwakunye nezicaka zika-Abraham zonke.

Gênesis 18

Eyeziqalo 18

Aparecem três anjos a Abraão

[1] O SENHOR apareceu a Abraão no bosque sagrado dos carvalhais de Manre, quando ele estava sentado à entrada de sua tenda, na hora mais quente do dia.

[2] Abraão ergueu os olhos e observou três homens em pé, a pouca distância. Assim que os viu, saiu da entrada de sua tenda, correu ao encontro deles e prostrou-se, encostando seu rosto no chão.

[3] Então declarou Abraão: "Meu Senhor, se encontrei graça a teus olhos, não passes pelo teu servo sem te deteres por algum tempo.

[4] Traga-se um pouco de água, lavai os pés e repousai debaixo desta árvore;

[5] também trarei um bocado de pão; refazei as vossas forças, visto que chegastes até vosso servo; depois seguireis vossa jornada!" Ao que eles responderam: "Assim seja. Faze como disseste".

[6] Abraão dirigiu-se apressadamente para sua tenda e pediu a Sara: "Toma depressa três medidas da melhor farinha, amassa-a e prepara três pães!"

[7] Em seguida, correu ao rebanho e escolheu o melhor e mais tenro vitelo, e o deu a um servo, que se apressou em prepará-lo.

[8] Tomou igualmente coalhada, leite, e o vitelo que preparara, e colocou tudo diante dos visitantes; entretanto, permaneceu de pé junto deles, sob a árvore, observando-os enquanto comiam.

UAbraham uthenjiswa unyana

[1] UNdikhoyo wabonakala kuAbraham ngakwimithi kaMamre. UAbraham wayehleli ngasemnyango wentente emini emaqanda.

[2]Nako kusithi thu amadoda amathathu. Uthe ke ukuwabona kwakhe wakhawuleza ukuwahlangabeza, wafika waqubuda ekhahlela.

[3]"Bahlekazi," utshilo kuwo, "noko sanukudlula emzini wam ningakhanga nikhe nithule imithwalo. Kaloku ndikholo nina apha.

[4]Ndinganiphathela amanzi, nikhe nihlambe iinyawo, lo gama nisaphumle phantsi kwalo mthi.

[5]Ndiza kuniphathela nento etyiwayo, ukuze nifumane amandla endleleni. Nakuthi ke nandule ukuhamba loo ndlela yenu inidlulise ekhaya apha." Athe ke wona amadoda: "Ngxatsho ke, ungénjenjalo."

[6]UAbraham wakhawuleza ukungena ententeni, wafika wathi kuSara: "Khawuthathe izitya ezithathu zomgubo wengqolowa, uxove wenze amaqebengwana, ukhawulezise."

[7]Watsho ekhawulezile uAbraham ukuya ezinkomeni, wafika wakhetha elona lityebileyo ithole, wathi malixhelwe ngokukhawuleza.

[8]Wathatha amasi anengqaka nenyama leyo, wabeka phambi kwaloo madoda, azenzela apho phantsi kwaloo mthi, emi apho yena ngakuwo.

[9] Os hóspedes lhe indagaram: "Onde está Sara, tua esposa?" Ele afirmou: "Está na tenda".

[9]Ambuza athi: "Uphi na umkakho uSara?" Wathi: "Usendlwini."

[10] Então Ele lhe prometeu: "Voltarei a ti no próximo ano; então Sara, tua esposa, terá um filho!" Sara escutava a conversa, na entrada da tenda, atrás dele.

[10]Lwathi olunye undwendwe: "Malunga neli xesha kunyaka ozayo ndobe ndibuye. USara umkakho woba enomntwana oyinkwenkwe." USara wabavela emi emva kwabo ngasemnyango.

[11] Ora Abraão e Sara já eram idosos, com idade muito avançada; e em Sara, o ciclo mensal das mulheres já havia cessado.

[11]Bobabini, uAbraham noSara, babesebaluphele kakhulu, uSara selegqithile kwixabiso lokuzala.

[12] Riu-se, portanto, Sara em seu íntimo, considerando: "Agora que estou velha e velho também está o meu senhor, como ainda teremos prazer sexual?"

[12]Wahleka yedwa ke uSara, wathi: "Sendigqithile kwixabiso lokuzala, kanti nomyeni wam selaluphele."

[13] Entretanto, o SENHOR questionou Abraão: "Por que se ri Sara, conjeturando: 'Será possível que vou dar à luz, agora que sou velha?'

[13]Uthe uNdikhoyo kuAbraham: "Uhleka ntoni uSara, ade athi: 'Ndingamfumana njani umntwana sendaluphele nje?'

[14] Acaso existe algo extraordinário demais para Yahweh? Nesta mesma época de primavera, no próximo ano, retornarei à tua presença, e Sara terá um filho".

[14]Niba kukho into enokuxaka uNdikhoyo? Bendithe ngeli xesha kunyaka ozayo ndobe ndibuye; uSara woba enomntwana oyinkwenkwe."

[15] Sara, ao ouvir essas palavras ficou amedrontada e mentiu: "Não! Eu não ri!" No entanto Ele foi categórico: "Sim! É verdade que tu riste!"

[15]USara wakhanyela, kuba wayesoyika, wathi: "Andikhange ndihleke." Wathi yena: "Hayi, uhlekile."

UAbraham ucelela iSodom

[16] E aconteceu que, quando os visitantes se levantaram para partir, avistaram lá embaixo Sodoma; e Abraão os acompanhava a fim de se despedir.

[16]La madoda anduluka, ayivelela iSodom. UAbraham wayehamba nawo ewakhapha.

Deus anuncia a destruição de Sodoma e Gomorra

[17] Então o SENHOR falou consigo mesmo: "Ocultarei de Abraão o que planejo realizar?

[17]Uthe uNdikhoyo: "Mandingayifihli kuAbraham into endifuna ukuyenza.

[18] Abraão será o pai de uma nação grande e poderosa, e por intermédio dele todas as nações da terra serão abençoadas.

[19] Porquanto Eu o escolhi, para que instrua seus filhos e todos os seus descendentes acerca de conservarem-se no Caminho do SENHOR, praticando o que é justo e direito, a fim de que o SENHOR faça vir sobre Abraão tudo quanto lhe tem prometido!”

[20] Então compartilhou com Abraão, o SENHOR: “As acusações e os gritos contra Sodoma e Gomorra são tantos e tão expressivos; o seu pecado é por demais grave!

[21] Descerei até lá e verei se, de fato, o que eles têm praticado corresponde ao clamor que é vindo até minha presença; e, se assim não é, verdadeiramente sabê-lo-ei!”

[22] Então os homens partiram dali e dirigiram-se para Sodoma, mas o SENHOR permaneceu junto a Abraão.

Abraão intercede junto a Deus pelos homens

[23] Abraão chegou um pouco mais perto e indagou: “Destruirás o justo com o pecador?

[24] Talvez haja cinquenta justos na cidade. Destruirás e não perdoarás a cidade por amor aos cinquenta justos que estão em seu seio?

[25] Longe de ti cometeres tal atrocidade: fazer morrer o justo com o pecador, de modo que o justo seja tratado como o pecador! Longe de ti! Não fará justiça o Juiz de toda a terra?”

[18]Inzala yakhe yoba sisizwe esikhulu, yaye ndozithamsanqelisa ngaye zonke izizwe.

[19]Ndimtyumbele ukuze aqeqeshele abantwana bakhe kunye nabazukulwana bakhe ekundithobeleni nasebulungiseni. Xa besenjenjalo ndozizalisekisa izithembiso zam kuAbraham.”

[20]Uqhube wathi kuAbraham uNdikhoyo: “Iyakhalazelwa iSodom neGomora ngenxa yobubi besono sayo.

[21]Ngako oko ndiza kukhe ndihle ndiye kuzibonela ukuba kunjalo na. Ndobona ngoko ukuba akunjalo.”

[22]Emka ke loo madoda, abheka ngaseSodom. Wasala noNdikhoyo yena uAbraham.

[23]Uthe uAbraham kuNdikhoyo: “Ngaba ngenene, Mhlekazi, uza kutshabalalisa amalungisa ndawonye nezibhoja?

[24]Ukuba kukho amashumi amahlanu amalungisa, ngaba ungasibhangisa eso sixeko? Akungesisindisi ngenxa yamashumi amahlanu lawo?

[25]Hayi kaloku, akunakuyenza into enjalo ukutshabalalisa abangenatyala ndawonye nabagwenxa, ube njalo wohlwaya amalungisa ngesohlwayo esinye naboni. Ngunongekhe lowo. UMgwebi welizwe liphela akamele kugweba ngobulungisa na?”

26 Então lhe assegurou o SENHOR: “Se Eu encontrar cinquenta justos em Sodoma, perdoarei toda a cidade por amor a eles!”

27 Argumentou Abraão: “Eu me atrevo a falar ao meu Senhor, eu que sou poeira e cinza.

28 Contudo é possível que faltem cinco para completarem os cinquenta justos; por causa de cinco pessoas destruirás toda a cidade?” Ele replicou: “Não, se Eu encontrar quarenta e cinco justos”.

29 Abraão retomou ainda a palavra e ponderou: “Mas talvez só existam quarenta justos”. Ao que Ele lhe garantiu: “Eu não o farei por causa dos quarenta!”

30 Propôs Abraão: “Que meu Senhor não se irrite, e que eu possa falar: provavelmente ali se encontrem trinta”.

31 Ele asseverou: “Eu não o farei se ali encontrar trinta”. Prosseguiu Abraão: “Agora que já fui tão ousado falando ao Senhor, pergunto: E se apenas vinte justos forem encontrados na cidade?” Ele respondeu: “Por amor aos vinte justos não a destruirei!”

32 Então Abraão insistiu: “Não te ires, Senhor, mas permite-me falar só mais uma vez. E se apenas dez forem encontrados?” Ele afirmou: “Por amor aos dez justos não a destruirei!”

26Uthe uNdikhoyo: “Ukuba kungakho amashumi amahlanu abantu abamsulwa eSodom, ndingasisindisa eso sixeko sonke ngenxa yabo.”

27Uthe kwakhona uAbraham: “Ndinyamezele, Mhlekazi, ndiyintw' engento, andifanele nakuthetha oku nawe.

28Ukuba ngaba kukho amashumi amane anantlanu endaweni yamashumi amahlanu, ungátshabalalisa isixeko sonke ngenxa yokuba bengaphantsi nje ngesihlanu abantu abamsulwa?” Uthe uNdikhoyo: “Nokuba ngamashumi mane anantlanu abantu abamsulwa, ndosisindisa isixeko.”

29Ubuye wathi uAbraham: “Ukuba ngamashumi mane nje kuphela?” Uthe uNdikhoyo: “Sosinda nokuba kunjalo.”

30Wathi ke uAbraham: “Mhlekazi, ungakhathazeki, ndisafuna ukuqonda. Kuya kuthini ke xa bengamashumi amathathu?” “Nokuba ngamashumi amathathu, sosinda,” utshilo uNdikhoyo.

31“Ndinyamezele, Mhlekazi,” utshilo uAbraham. “Ukuba bangamashumi mabini kuphela, kothini?” “Nokuba bangamashumi mabini, ndosisindisa isixeko,” utshilo uNdikhoyo.

32Wathi uAbraham: “Mhlekazi, selundinyamezela oku kokugqibela! Kuya kuthini ukuba lishumi linye kuphela abantu abamsulwa abalapho?” “Nokuba lishumi nje qha, andiyi kusitshabalalisa isixeko,” utshilo uNdikhoyo.

[33] Tendo acabado de falar com Abraão, o SENHOR partiu, e Abraão retornou para seu lugar.

Gênesis 19

Ló recebe os dois anjos em sua casa

[1] A noite estava caindo, quando os dois anjos chegaram a Sodoma, Ló estava sentado à porta da cidade. Logo que os viu, Ló se levantou ao seu encontro e prostrou-se com a face por terra.

[2] E suplicou: "Eu vos peço, meus senhores! Descei à casa de vosso servo para aí passardes a noite e lavardes os pés; de manhã retomareis vosso caminho". Contudo, eles contestaram: "Não, nós passaremos a noite na praça!"

[3] Todavia Ló insistiu tanto, que eles aceitaram o veemente convite e seguiram com ele para sua casa e entraram. Ló preparou-lhes uma refeição, fez questão de que se alimentassem de pães asmos, e eles comeram.

[4] Eles não tinham ainda deitado, quando a casa foi cercada pelos homens da cidade, os homens de Sodoma, desde jovens até velhos, todo o povo, sem exceção.

[5] Chamaram Ló e lhe ordenaram: "Onde estão os homens que vieram para a tua casa esta noite? Traze-os aqui fora para que tenhamos relações sexuais com eles!"

[6] Então Ló saiu para conversar com aqueles homens. Fechou bem a porta atrás de si,

[7] e rogou-lhes: "Por favor, meus amigos! Não cometais essa perversidade!

[8] Ouvi: tenho duas filhas que ainda são virgens; eu vo-las trarei. Fazei-lhes o que

[33]Wemka ke uNdikhoyo akugqiba ukuthetha noAbraham, naye uAbraham wagoduka.

Eyeziqalo 19

Ukungcola kweSodom

[1]Ukufika kwezithunywa ezibini eSodom ngorhatya lwaloo mini, uLothe wayehleli ngasemasangweni edolophu. Uthe khwasululu ukuwabona kwakhe, wawahlangabeza. Ufike waqubuda ekhangele phantsi ekhahlela, wathi:

[2]"Zinkosi zam, khanikhe niye kwam, nihlambe oku kweenyawo, nilalise khona. Ningavuka ke ngentsasa, nithabathise uhambo lwenu." Zithe zona izithunywa ukuphendula: "Hayi noko wena, siza kuhlala phaya ebaleni kude kuse."

[3]Wazithundeza, ezicenga-cenga uLothe, zada zoyisakala, zaya naye kwakhe. Wazilungiselela ukutya, wenza namaqebengwana ngentlama engenagwele. Kuthe ke kwakulunga ukutya zatya.

[4]Ngaphambi kokuba ziye kulala, kwafika amadoda nabafana baseSodom, bevela kumacala ngamacala, bayingqonga indlu kaLothe.

[5]Bakhwaza bebuza kuLothe ukuba aye phi na laa madoda ayeze kulala kwakhe ngobo busuku. Batsho besithi makawakhuphe, kuba babefuna ukulala nawo.

[6]Waphuma endlwini uLothe, waluvala ucango ukuphuma kwakhe.

[7]Ufike wathi kuloo madoda: "He, zinkosi, sanukuyenza into enje ukuba mbi.

[8]Ndineentombi zimbini apha, ziseziintombi nto; kubhetele ndininike zona, nizenze

bem vos parecer, mas a estes homens nada façais, porque se encontram sob a proteção do meu teto”.

9 “Retira-te daí!” - esbravejaram eles. E alegavam furiosamente: “Este homem é um simples estrangeiro, veio morar entre nós e já pretende ser juizem tudo? A ti, pois, faremos ainda pior do que a eles!” Em seguida, empurraram Ló com violência e avançaram ara arrombar a porta.

10 Nesse instante, os dois visitantes agarraram Ló, puxaram-no para dentro da casa e fecharam a porta.

11 Em seguida feriram de cegueira todos os homens, tanto os moços como os idosos, que estavam do lado de fora; e eles não conseguiram sequer encontrar mais a porta da casa.

12 Então os dois homens perguntaram a Ló: “Ainda tens mais alguém dos teus na cidade? Genros, filhos e filhas, ou qualquer outro parente? Faze-os sair daqui depressa,

13 porque estamos para destruir completamente este lugar. O clamor que sobe constantemente ao SENHOR contra esse povo é tão grande e maligno que Ele nos enviou para destruir a cidade!”

14 Então Ló correu e foi falar com os homens que iam se casar com suas filhas. E ele os instava: “Levantai-vos! Saí deste lugar, porque o SENHOR destruirá toda a cidade!” Todavia eles pensaram que ele estivesse apenas brincando.

15 Ao raiar da aurora, os anjos insistiram com Ló, ordenando: “Levanta! Toma tua

ukuthanda kwenu endaweni yale nto nifuna ukuyenza. La madoda ziindwendwe zam; aphantsi kokhuselo lwam.”

9Kodwa loo madoda athi: “Suka endleleni, mfikindini! Ungubani wena? Ucinga ukuba singagwetywa nguwe? Singajikela wena thina, kube kubi nangaphezu kwawo.” Atsho emsunduza uLothe, etyhala ezama ukuluqhekeza ucango.

10Kodwa la madoda ayengaphakathi amtsalela endlwini uLothe, aluvala ucango,

11awabetha ngobumfama onke loo madoda ayengaphandle, atsho akalubona ucango apho lukhoyo.

Ukumka kukaLothe eSodom

12Athe kuLothe la madoda mabini: “Ngaba kusekho mntu wumbi na apha – nokuba ngoonyana, nokuba ziintombi zakho, nabayeni beentombi, nasiphi na isizalwana sakho? Yitsho bemke apha.

13Kaloku le dolophu siza kuyitshabalalisa. Isikhalo esivakele ngayo sibi kangangokuba sithunywe nguNdikhoyo ukuba size kuyibhubhisa iSodom.”

14ULothe ke waya kuxelela amasoka eentombi zakhe ukuba makumkiwe eSodom, kuba uNdikhoyo wayeza kuyibhubhisa. Kodwa wona aba uyaqhula nje.

15Ngentseni izithunywa zamxhesha uLothe, zathi: “Gxabha-gxabhisa, ndoda, umke apha

mulher e tuas duas filhas que aqui se encontram, para que não pereças no castigo da cidade!”

16 Entretanto, como ele hesitasse, os homens o tomaram pela mão, bem como sua mulher e suas duas filhas, conduziram-nos à força e os deixaram a salvo fora da cidade, pelo misericordioso amor que o SENHOR teve para com eles.

17 Assim que os tiraram da cidade, um dos anjos recomendou a Ló: “Livra-te! Salva a tua vida depressa; não olhes para trás, nem pares em nenhum lugar durante tua jornada pela planície! Foge para a montanha, a fim de não pereceres com os demais!”

18 Ló, no entanto, argumentou: “Não, meu Senhor, eu te rogo!

19 Eis que teu servo encontrou graça aos teus olhos e mostraste uma grande misericórdia a meu respeito, salvando-me a vida. Mas não conseguirei chegar até a montanha, sem que me atinja primeiro essa terrível destruição e eu venha a morrer também.

20 Eis ali uma pequena cidade. Está tão próxima que me é possível correr até ela. Permite que eu fuja depressa para lá! Mesmo sendo tão pequena, lá encontrarei abrigo e estarei a salvo!”

21 Então lhe respondeu Ele: “Faço-te ainda esta graça: não destruirei a pequena cidade de que falas.

22 Depressa! Refugia-te lá, porque nada posso fazer enquanto não tiveres chegado lá!” É por esse motivo que se deu a essa cidade o nome de Zoar.

neentombi zakho kunye nomkakho. Kungenjalo uya kutshabalala xa kusohlwaywa le dolophu.”

16 Unge angazila-zila, suka zambamba ngesandla, zamkhuphela ngaphandle kwedolophu kunye nomkakhe neentombi zakhe. Kaloku uNdikhoyo wamenzela inceba uLothe.

17 Bakuba bengaphandle kwedolophu, esinye isithunywa sathi: “Balekani ukuze nisinde. Ze ningakhangeli ngasemva, ningemi nokuma phaya entilini. Balekelani phaya endulini, kungenjalo nani nakutshabalala.”

18 “Hayini noko, nkosi,” utshilo uLothe, “sanukundenjenjalo.

19 Sele undincedile kakade ngokundisindisa; noko kukude kakhulu phaya endulini. Le ntlekele isenokundifumana, ndife singekafiki nalapho.

20 Uyayibona laa dolophana? Ikufuphi noko yona. Yidolophana nje engenkulu. Mna ndithi ngesele ndisiya khona ukuze ndikhuseleke.”

21 Sithe isithunywa: “Kulungile ke. Andiyi kuba sayitshabalalisa loo dolophana uthetha ngayo.

22 Kodwa ke khawuleza ukuya apho, kuba akukho nto ndinokuyenza de ube ulapho.” Yiyo ke loo dolophu kuthiwa yiZoware.

[23] Assim que o sol se ergueu sobre a terra e Ló entrou em Zoar,

A destruição de Sodoma e Gomorra

[24] Yahweh, o próprio Deus, fez chover do céu fogo e enxofre sobre Sodoma e Gomorra.

[25] Assim Ele destruiu completamente aquelas cidades e toda a planície, com todos os habitantes das cidades e toda a vegetação ao redor.

[26] Contudo a mulher de Ló olhou para trás e, imediatamente, transformou-se numa estátua de sal.

[27] Na manhã seguinte, Abraão se levantou e voltou ao lugar onde tinha estado na presença do SENHOR.

[28] E contemplou as cidades de Sodoma e Gomorra, assim como toda a planície, e o que viu foi uma densa fumaça que subia da terra, como fumaça de uma fornalha.

[29] Quando Deus arrasou as cidades da planície, lembrou-se o SENHOR de Abraão e tirou Ló do meio da desgraça, destruindo as cidades onde Ló habitava.

[30] Ló partiu de Zoar com suas duas filhas e passou a viver nas montanhas, porque tinha grande receio de permanecer morando na pequena Zoar. Por esse motivo instalou-se numa caverna nas montanhas, ele e suas filhas.

[31] Certo dia, a filha mais velha propôs à filha mais nova: "Nosso pai já é idoso e não há nenhum outro homem nesta região que venha unir-se a nós, de acordo com o costume de todo mundo.

Ukubhujiswa kweSodom neGomora

[23]Laliseliphumile ilanga ukufika kukaLothe eZoware.

[24] UNdikhoyo wathobela isalfa evuthayo phezu kweSodom neGomora,

[25]wazibhubhisa kunye naloo ntili yonke, kunye nabo bonke abantu ababelapho, nento yonke ehlumayo.

[26]Umka-Lothe wajonga ngasemva, suka wajika waba yintsika yetyuwa.

[27]UAbraham wavuka kwakusasa, waya kulaa ndawo wayemi noNdikhoyo kuyo.

[28]Wakhangela ezantsi eSodom naseGomora nakuloo ntili, wabona kukho ukuqhuma okungathi ngumsi ophuma eziko.

[29]Kodwa uThixo wasikhumbula isicelo sika-Abraham ukubhubhisa kwakhe loo ntili, wamsindisa uLothe.

Umnombo wamaMowabhi nama-Amon

[30]ULothe woyika ukuhlala eZoware. Uthe ngenxa yoko wenyukela ezintabeni kunye neentombi zakhe, wahlala emqolombeni.

[31]Yathi intombi enkulu kudade wayo: "Ubawo uyaluphala, yaye akukho madoda apha kule ndawo angasitshatayo sizale.

[32] Vem, façamos nosso pai beber muito vinho e deitemo-nos com ele; assim suscitaremos uma descendência de nosso pai!”
[33] Portanto, elas fizeram seu pai embebedar-se com vinho, naquela mesma noite, e a mais velha veio deitar-se junto a seu pai, que não percebeu nem quando ela se deitou, nem quando se levantou.
[34] No dia seguinte, a primogênita orientou a irmã: “Na noite passada eu dormi com meu pai; façamo-lo embriagar-se também nesta noite e tu te deitarás com ele; a fim de que possamos preservar a linhagem de nosso pai!”
[35] Então, outra vez deram muito vinho ao pai naquela noite, e a filha mais nova foi e se deitou com ele. Ló não tomou conhecimento quando ela se deitou nem quando se levantou.
[36] Assim, as duas filhas de Ló engravidaram do próprio pai.
[37] A primogênita teve um filho, e deu-lhe o nome de Moabe; este foi o pai dos moabitas de hoje.
[38] A mais nova deu também à luz um filho e o chamou de Bem-Ami; este foi o pai dos amonitas de hoje.

Gênesis 20

Abraão nega que Sara é sua mulher

[1] Abraão partiu dali para a região do Neguebe e foi viver entre Cades e Sur. Depois habitou mais algum tempo em Gerar.

[2] Ele dizia a todos que Sara, sua esposa, era sua irmã. Então Abimeleque, rei de Gerar,

[32]Yiza simseze anxile, khon' ukuze simambathe, sifumane abantwana bakhe.”

[33]Ngobo busuku bamntyintya ngewayini, yaza ke intombi enkulu yamambatha. ULothe wayenxile kangangokuba akazange akuqonde okwaqhubekayo.

[34]Ngosuku olulandelayo yathi intombi enkulu kwencinci: “Bendikunye naye phezolo. Masiphinde nanamhlanje ngokuhlwa, ukuze nawe ulale naye. Sobabini ke soba nabantwana bakabawo osizalayo.”

[35]Baphinda ke bamntyintya nangobo busuku, yamambatha nencinci intombi. Wayenxile engayazi into eqhubekayo.

[36]Yaba njalo ke into yokumitha kweentombi zikaLothe, zimithiswe nguyise.
[37]Intombi enkulu yazala inkwenkwe, eyathi igama layo nguMowabhi. Nguye lo ungukhokho wamaMowabhi.
[38]Intombi encinci yazala inkwenkwe nayo, yathi igama layo nguBhenami. Yena ngukhokho wama-Amon.

Eyeziqalo 20

UAbraham noAbhimeleki

[1]UAbraham wafuduka kwelo lizwe, wajonga emazantsi eKanana, apho wafika wamisa khona phakathi kweKadeshe neShure. Waya kutsho naseGerare,
[2]wafika wathi apho uSara ngudade wabo. Ukumkani walapho, uAbhimeleki, wathi uSara makasiwe komkhulu.

mandou buscar Sara e tomou-a como sua mulher.

3 Certa noite, Deus veio a Abimeleque e lhe comunicou: “Vais morrer por causa da mulher que tomaste, porquanto ela é uma mulher casada!”

4 Abimeleque que ainda não havia tocado em Sara, defendeu-se: “Mas Senhor, vais matar alguém inocente?

5 Acaso não foi Abraão que me alegou: ‘Ela é minha irmã!’ e não foi ela pessoalmente quem confirmou ‘ele é meu irmão’? Ora, foi com boa consciência e mãos limpas que fiz isso!”

6 Então Deus lhe esclareceu: “Bem sei que fizeste isso de coração puro, e fui Eu quem te impediu de pecar contra mim, não permitindo que a tocasses.

7 Agora, pois, devolve a mulher desse homem: ele é profeta e intercederá por ti, para que vivas. Mas se não a devolveres, sabe que certamente morrerás, com todos os teus!”

8 Abimeleque levantou-se bem cedo e chamou todos os seus servos. Contou-lhes tudo o que havia acontecido e seus homens tiveram grande temor.

9 Em seguida, Abimeleque convocou Abraão e lhe indagou: “Que nos fizeste? Que ofensa cometi contra ti para que atraias tão grande culpa sobre minha pessoa e sobre meu reino? Tu me fizeste como não se deve fazer!”

10 E Abimeleque disse mais a Abraão: “Quem te aconselhou a agir dessa maneira?”

3Kodwa uThixo wavela kuAbhimeleki ephupheni, wathi: “Abhimeleki, usisisulu sokufa, ngenxa yokuba lo mfazi umthathileyo ngumka-mtu.”

4UAbhimeleki ke wayengekamambathi uSara, waza wathi: “Mhlekazi, ungathini ukutshabalalisa isizwe esingenatyala?

5Andibi kanene yilaa ndoda ngokwayo ethe kum ngudade wayo lo, waza naye wathi ingumnakwabo? Le nto ndiyenze ndingenasazela, yaye andonanga bani.”

6Uphendule uThixo kwasephupheni apho: “Ewe, ndiyazi ukuba le nto uyenze ungenabubi konke. Yaye ikwandim lo okuncedileyo ukuba ungandoni; yiyo loo nto ndingakuvumelanga ukumambatha.

7Kodwa ke mbuyisele kumyeni wakhe ngoku lo mfazi. Ngumshumayeli laa mfo; uya kunithandazela nisinde. Kodwa ukuba akumbuyiseli umkakhe, ngenene uya kuba lilifa lokufa kunye nabantu bakho bonke.”

8Wavuka kwangentseni uAbhimeleki, wazibiza zonke izicaka zakomkhulu, waza wazilawulela iphupha lakhe. Othuka kakhulu loo madoda.

9UAbhimeleki ubize uAbraham, wathi kuye: “Yintoni le nto usenza yona? Ndakwenza ntoni le nto undizisela ishwangusha elingaka kunye nabantu bam? Wenze into engenziwayo ke kambe.

10Bekutheni ukuze wenze into enje?”

[11] Abraão replicou: “Eu disse para comigo: Certamente, não haverá nenhum temor de Deus neste lugar, e me matarão por causa de minha mulher.

[12] Além disso, ela é realmente minha irmã, filha de meu pai, mas não filha de minha mãe; tornou-se minha mulher.

[13] Então quando Deus me fez andar errante longe de minha família, eu roguei a ela: Eis o favor que me farás: em todo lugar em que estivermos, dirás, a meu respeito, que sou teu irmão”.

[14] Abimeleque tomou ovelhas e bois, servos e servas e os deu a Abraão, e devolveu-lhe a mulher Sara.

[15] E acrescentou Abimeleque: “Eis que a minha terra está aberta diante de ti.

[16] A Sara, ele presenteou: “Estou entregando a teu irmão mil peças de prata com o propósito de reparar a ofensa que lhe causei diante de todos os seus; desse modo, todos saberão que tu és inocente!”

[17] Então, em seguida Abraão orou a Deus, e Deus curou Abimeleque, sua mulher e suas servas, a fim de que pudessem novamente ter filhos.

[18] Pois o SENHOR havia tornado estéreis o ventre de todas as mulheres na casa de Abimeleque, por causa de Sara, a esposa de Abraão.

Gênesis 21

O nascimento de Isaque

[1] O SENHOR Deus visitou Sara, como dissera, e fez por ela como prometera.

[2] Sara concebeu e deu um filho a Abraão, já idoso, no tempo que Deus tinha marcado.

[11]Uthe uAbraham: “Ndibe akukho mntu umoyikayo kweli lizwe uThixo, ndaba ke ndingábulawa apha ngenxa yomkam.

[12]Únguye udade wethu ngenene. Singabantwana bendoda enye, nakuba sahlukile ngoomama. Ngumkam noko kunjalo.

[13]Uthe akundindulula kwilizwe loobawo uThixo, ndathi kumkam uya kubonakala ukuba uyandithanda ngokuthi ebantwini ungudade wethu.”

[14]UAbhimeleki wambuyisela kuAbraham uSara, wabuya wamnqoma ngeegusha neenkomo, wamnika nezicaka.

[15]Wathi kuAbraham: “Ngumhlaba wam lo; ungema apho uthanda khona.”

[16]Ubuye wathi kuSara: “Umntakwenu ndiza kumnika iwaka leesiliva, ukuze wonke ubani azi ukuba akunatyala.”

[17-18]Ngenxa yale nto yehlela uSara, uThixo wabavala bonke abafazi bakomkhulu, ababi nanzala. UAbraham ke wathandazela uAbhimeleki kuThixo, waza wamphilisa uThixo. Kwaphila nomkakhe kunye nezicakazana zakhe, bonke bakhululeka.

Eyeziqalo 21

Ukuvela kukaIsake

[1] UNdikhoyo wamenzela isisa uSara ngokuthi asizalisekise isithembiso sakhe.

[2]USara wakhulelwa, waza wazala umntwana oyinkwenkwe, sele aluphele uAbraham.

Wamzala kanye ngelaa xesha wayelixelile uThixo.

[3] Ao filho que lhe nasceu, gerado por Sara, Abraão deu o nome de Isaque.

[3]Wamthiya igama loo mntwana uAbraham, wathi nguIsake.

[4] Abraão circuncidou seu filho Isaque, assim que ele completou oito dias de vida, exatamente como Deus lhe ordenara.

[4]Uthe ke akuba ntsuku zisibhozo ezelwe, wamalusa uAbraham ngokomyalelo kaThixo.

[5] Abraão tinha cem anos quando lhe nasceu seu filho Isaque.

[5]UAbraham wayeselenekhulu leminyaka ukuzalwa kukaIsake.

[6] Então declarou Sara: “Deus me deu um grande motivo para sorrir, e todos os que souberem desta história muito se alegrarão comigo!”

[6]Wada wathi uSara: “UThixo undenze ndakwazi ukuhleka, yaye wonke ubani oyivayo le nto wohleka kunye nam.”

[7] E acrescentou: “Quem diria a Abraão que Sara ainda amamentaria filhos? Todavia, eu lhe dei um filho em sua velhice!”

[7]Uqokele wathi: “Ibingubani kakade obenokuthi kuAbraham ndiza kuba ngumdlezana owanyisayo? Naku ke kodwa ndizele umntwana wakhe, eyinkothovu yexhego enjalo!”

[8] O menino cresceu e foi desmamado. E, no dia em que Isaque foi desmamado, Abraão deu uma grande festa.

[8]Lwakhula usana lwada lwalunyulwa. Wenza elikhulu lona itheko uAbraham ukulunyulwa kwaloo mntwana.

Ukugxothwa kukaHagare noIshmayeli

[9] Ora, Sara percebeu que o filho nascido a Abraão, por intermédio da egípcia Hagar, estava rindo de seu filho Isaque,

[9]Ngaminazana ithile uSara wabona umntakaHagare umJiputakazi, lowa uHagare wamfumana kuAbraham, edlala ngoIsake.

[10] e pediu a Abraão: “Expulsa esta serva e seu filho, para que o filho desta escrava não acabe sendo herdeiro com meu filho Isaque!”

[10]Waya kuthi kuAbraham: “Wethu, sikhuphele ngaphandle esi sicakazana kunye nomntwana waso. Andiyi kuyivumela yona into yokuba lo mntwana wesi sicakazana sahlulelane ngelifa kunye noIsake umntwana wam!”

[11] Essa palavra acerca de seu filho Ismael, muito entristeceu e preocupou Abraão,

[11]Le nto yamkhathaza gqitha uAbraham, kuba noIshmayeli lowo wayengumntwana wakhe.

[12] contudo Deus orientou-o: “Não te lastimes por causa da criança e de tua

[12]Wavakala esithi uThixo kuye: “Hayi, sukuzikhathaza ngenxa yalo mntwana

serva: tudo o que Sara te pedir, concede-o, porquanto por Isaque é que a tua descendência será considerada perpetuamente,

13 mas do filho da serva farei também uma grande nação, porquanto ele também é da tua raça!"

nesicakazana sakho. Yenza loo nto ithethwa nguSara wena, kuba kaloku abazukulwana bakho boba yinzala kaIsake.

13Ewe, nonyana wesicakazana lo uya kuzala isizwe esikhulu, kuba kaloku naye ngumntwana wakho ncam."

O despedimento de Agar e Ismael

14 Então, Abraão levantou cedo, tomou alguns pães e um recipiente de couro cheio de água fresca e os entregou a Hagar e, tendo-os colocado nos ombros dela, despediu-a com o menino. Ela se pôs a caminho e ficou vagando pelo deserto de Berseba.

14Kwakusasa ngengomso uAbraham wavuka wathatha ukutya kunye nentsuba ezele ngamanzi, wazinika uHagare, wamthwalisa, wathi makahambe nomntwana wakhe. Wemka ke uHagare, wahamba ebhadula kuloo ntlango iyiBheshebha.

15 Quando acabou a água do odre que carregava, ela colocou a criança debaixo de um arbusto

15Akuphela amanzi awayewaphethe, wamqhusheka etyholweni umntwana,

16 e foi sentar-se perto dali, à distância de um tiro de arco e flecha. Lastimava consigo mesma: "Não suporto ver morrer meu menino!" Enquanto ela se lamentava, a criança começou a chorar ainda mais forte.

16wemka wathi qelele, wahlala phantsi. Watsho esithi: "Andinakuyinyamezela into yokubona umntwana wam esifa." Uthe ehleli apho zehla iinyembezi.

17 Deus ouviu os gritos do menino; e, lá do céu, a voz do anjo de Deus chamou Hagar e a encorajou: "Hagar! Por que te afliges? Não temas, pois Deus ouviu o clamor do menino, lá onde tu o deixaste.

17UThixo wamva ekhala umntwana, kwavakala ilizwi lesithunywa livela ezulwini, lisithi kuHagare: "Ukhathazwa yintoni, Hagare? Sukoyika. UThixo umvile umntwana wakho kulaa ndawo umbeke kuyo.

18 Ergue-te, pois! Levanta o menino, segura-o pela mão, porque Eu farei dele um grande povo!"

18Hamb' uye kumthatha umthuthuzele. Úya kuba ngunozala wesizwe esikhulu."

19 Então Deus abriu os olhos de Hagar e ela pôde enxergar uma fonte de boas águas. Correu até lá, encheu seu odre e deu para Ismael beber.

19UThixo wawavula amehlo kaHagare, nako kubonakala umthombo. Waya kuzalisa loo ntsuba, waseza nomntwana wakhe.

[20] Deus esteve com o menino; ele cresceu, habitou no deserto, e tornou-se um flecheiro.

[21] Ele viveu no deserto de Parã, e sua mãe conseguiu-lhe uma esposa da terra do Egito.

[20-21]UThixo wamgcina loo mntwana, wakhula ehlala kuloo ntlango yaseParan. Waba yincutshe yomzingeli. Unina wamthathela intombi engumJiputakazi.

Abimeleque faz um pacto com Abraão

[22] Naquela época, Abimeleque veio com Ficol, o chefe de seu exército, propor a Abraão: “Deus está contigo em tudo o que fazes.

[23] Agora, pois, jura-me aqui, por Deus, que não me enganarás, nem à minha linhagem e parentela, e que terás para comigo e para com esta terra em que vieste como hóspede a mesma consideração amiga que tive por ti!”

[24] Ao que Abraão aquiesceu: “Sim, eu juro!”

[25] Entretanto, Abraão reclamou com Abimeleque acerca de um poço que os servos de Abimeleque lhe tinham tomado à força.

[26] Mas Abimeleque lhe respondeu: “Não sei quem pôde fazer isso, tu jamais me informaste a respeito, e somente agora ouço falar disso!”

[27] Abraão tomou ovelhas e bois e os deu a Abimeleque, e ambos celebraram um acordo.

[28] Abraão pôs à parte sete ovelhas do rebanho,

[29] e Abimeleque lhe indagou: “A que servem essas sete ovelhas que puseste à parte?”

Imvumelwano ka-Abraham noAbhimeleki

[22]Ngelo xesha kwafika uAbhimeleki ehamba noPikoli umphathi-mkhosi, wathi kuAbraham: “Yonke into oyenzayo inesandla sikaThixo kuyo, Abraham.

[23]Ngoko ke khawufunge ngoku apha phambi koThixo ukuba akusokuze undixokise mna nabantwana bam kunye nabazukulwana bam. Mna ndinyanisekile kuwe, nawe ke ndithembise ukuba uya kunyaniseka kum nakubemi beli lizwe uhlala kulo.”

[24]UAbraham wathi ukuphendula: “Ndiyathembisa.”

[25]UAbraham wavakalisa kwanesikhalazo awayenaso kuAbhimeleki, esiphathelele nomthombo owahluthwa zizicaka zika-Abhimeleki.

[26]Wathi uAbhimeleki: “Bendingazi ukuba ukho owenze loo nto; nawe ngokwakho akuzange wandixelela nokundixelela. Ndiyaqala namhlanje ukuyiva into enjalo.”

[27]UAbraham ke wakhupha iinkomo neegusha, wazinika uAbhimeleki, baza benza imvumelwano.

[28]UAbraham wakhetha amatakane asixhenxe kuloo mhlambi,

[29]waza uAbhimeleki wathi kuAbraham: “Ngawantoni la matakane asixhenxe uwakhethileyo?”

[30] Ao que Abraão replicou: "Receberás de minhas mãos as sete cordeiras, para que me sirvam de testemunho de que eu cavei este poço!"

[30]Wathi uAbraham: "Wathathe la matakane asixhenxe. Ngokwenjenjalo ungqina ukuba lo mthombo wembiwa ndim."

[31] E, por esse motivo, se chamou aquele lugar Berseba, porquanto ali juraram ambos.

[31]Yaba ke loo ndawo kuthiwa yiBheshebha ukubizwa kwayo, kuba kaloku kulapho loo madoda avumelana khona efunga.

[32] Depois que concluíram essa aliança em Berseba, Abimeleque levantou-se, com Ficol, o chefe de seu exército, e retornaram à terra dos filisteus.

[32]Emva koko uAbhimeleki noPikoli babuyela kwakwelamaFilistiya.

[33] Abraão plantou uma tamargueira em Berseba, e aí invocou e adorou o Nome de Yahweh, o Deus Eterno.

[33]UAbraham watyala umthi apho eBheshebha. Apho ke wamnqula uNdikhoyo uThixo uSonini-nanini.

[34] E habitou Abraão na terra dos filisteus por longo tempo.

[34]Wahlala kwelo lizwe lamaFilistiya ixesha elide.

Gênesis 22

Deus manda Abraão matar seu filho Isaque

[1] Passados esses acontecimentos, Deus submeteu Abraão a uma prova, convocando-o: "Abraão! Abraão!" Ao que ele redarguiu: "Eis-me aqui, Senhor!"

[2] Então Deus lhe ordenou: "Toma Isaque, teu filho, teu único filho, a quem tu muito amas, e vai-te à terra de Moriá. Sacrifica-o ali como holocausto, sobre um dos montes, que Eu te indicarei!"

[3] Abraão levantou-se bem cedo, selou seu jumento e tomou consigo dois de seus servos e seu amado filho Isaque. Ele ainda rachou a lenha para o holocausto e se pôs a caminho rumo ao lugar que Deus havia mostrado.

[4] No terceiro dia, Abraão, levantando os olhos, viu de longe o lugar que Deus havia determinado.

Eyeziqalo 22

UThixo uvavanya uAbraham

[1]Ekuhambeni kwexesha uThixo wamvavanya uAbraham. Wambiza wathi: "Abraham!" Wasabela uAbraham wathi: "Ndim lo, Mhlekazi!"

[2]Uthe uThixo: "Thatha unyana wakho uIsake, lo kanye usenyongweni kuwe, uye naye eMoriya. Uya kufika apho ke, kuloo nduli ndiza kukubonisa yona, umnikele khona abe lidini elitshiswayo."

[3]Kwakusasa ngengomso uAbraham wavuka, wabopha idonki yakhe, wabiza izicaka zazibini kunye noIsake, bacanda iinkuni zokubasa umlilo wedini, banduluka baya kuloo ndawo bekuthiwe ze baye kuyo nguThixo.

[4]Ngosuku lwesithathu wayibona isekude loo ndawo uAbraham.

[5] Abraão ordenou a seus servos: “Permanecei aqui com o jumento. Eu e o menino iremos até lá, adoraremos e voltaremos a vós!”

[6] Então Abraão tomou a lenha do holocausto e a colocou sobre os ombros de seu filho Isaque, e ele mesmo levou as brasas para preparar o fogo, e o cutelo. E, enquanto caminhavam os dois juntos,

[7] Isaque chamou por seu pai, Abraão: “Meu pai!” Ao que replicou prontamente Abraão: “Sim, meu filho!” Então Isaque indagou: “Eis o fogo e a lenha, mas onde está o cordeiro para o holocausto?

[8] Assegurou-lhe Abraão: “Deus proverá para si, meu filho, o cordeiro para o holocausto; e continuaram a caminhar ambos juntos.

[9] Finalmente, quando chegaram ao lugar que Deus lhe apontara, Abraão construiu o altar, dispôs a lenha, depois amarrou o filho e o colocou sobre o altar, em cima da lenha.

[10] Abraão estendeu a mão e apanhou a faca para imolar seu filho.

[11] Entretanto, o Anjo do SENHOR o chamou do céu: “Abraão! Abraão!” Ao que prontamente lhe respondeu Abraão: “Eis-me aqui!”

[12] “Não estendas a tua mão contra o rapaz!” - ordenou o Anjo “Não lhe faças nada! Agora bem sei que temes a Deus, porquanto não me negaste teu amado filho, teu único filho!”

[13] Em seguida, tendo Abraão erguido os olhos, viu atrás de si um carneiro preso pelos chifres entre os arbustos; tomou

[5]Wathi kuloo madoda wayehamba nawo: “Salani apha nina nale donki, mna nale nkwenkwe siza kuya phaya. Sakuthi sakugqiba ukunqula, sibuye.”

[6]UAbraham wamthwalisa emagxeni uIsake ezo nkuni, yena waphatha amalahle nemela. Benjenjeya bobabini.

[7]Endleleni uthe uIsake kuyise: “Tata!” UAbraham wathi: “Thetha, nyana!” UIsake wathi: “Nanku umlilo, nanzi neenkuni; liphi ke lona ixhwane ledini?”

[8-9]Uthe ukuphendula uAbraham: “Iya kubonwa nguThixo loo nto, mfo wam.” Batsho bahamba besiya kuloo ndawo yayalathwe nguThixo. Bakufika apho, uAbraham wenza iqonga lamadini, wabeka iinkuni ezo phezu kwalo, wambopha uIsake unyana wakhe, wambeka phezu kwezo nkuni.

[10]Uthathe imela ukuze ambulale unyana wakhe.

[11]Suka kwavakala isithunywa sikaNdikhoyo simemeza sisezulwini sisithi: “Abraham! Abraham!” Yena ke uthe: “Ndim lo!” Sathi isithunywa kuye:

[12]“Uze ungayenzakalisi loo nkwenkwe, ungayithi cha nakancinci! Ngoku ndiyazi ukuba uThixo uyamoyika; kaloku akwalanga nonyana wakho oyintandane ekuphela kwakhe.”

[13]UAbraham wabheka-bheka, wabona inkunzi yegusha ibambeke ngeempondo etyholweni. Waya kuyirhola, wenza ngayo idini endaweni yonyana wakhe.

Abraão o carneiro e o ofereceu em holocausto, em lugar de seu filho.

14 Então Abraão deu àquele lugar o nome de Yahweh-Jireh, “O SENHOR Proverá”. Por isso até nossos dias se diz: “No monte do SENHOR se proverá”!

15 O Anjo do SENHOR bradou uma segunda vez do céu, chamando Abraão,

16 e declarou: “Juro por mim mesmo, Palavra de Yahweh: porquanto me ofereceste este gesto, não me negando teu filho amado, o teu único filho,

17 Esteja convicto de que Eu te cumularei de bênçãos, Eu te confirmarei uma posteridade tão numerosa quanto as estrelas do céu e quanto a areia que se espalha pelas praias do mar, e tua descendência conquistará as cidades de todos que se levantarem contra ti.

18 Por intermédio dos teus inúmeros descendentes serão abençoadas todas as nações da terra, porquanto tu me obedeceste!”

19 Então retornou Abraão a seus servos e juntos partiram para Berseba, onde passou a habitar.

20 Algum tempo depois desses acontecimentos, disseram a Abraão que Milca também dera à luz filhos a seu irmão Naor:

21 Uz, o primogênito, Buz, seu irmão, Quemuel, pai de Arã,

22 Quésede, Hazo, Pildas, Jidlafe e Betuel,

14UAbraham wathi loo ndawo yiYawe-yire.Unangoku kusathiwa xa kuthethwayo: “UNdikhoyo uyabonelela endulini yakhe.”

15Siphindile savakala sithetha ezulwini isithunywa, sisithi kuAbraham:

16“Uthi uNdikhoyo: ‘Mna ngokwam ndiyafunga; ndithi ngenxa yale nto uyenzileyo, akwala ukuncama intandane ekuphela kwayo,

17ndiza kukuthamsanqelisa kanobom, ndikuphe inzala eninzi, ibe ngangeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni nentlabathi eselunxwemeni lolwandle ubuninzi bayo. Abazukulwana bakho boyithimba imihlaba yeentshaba zabo.

18Zonke izizwe emhlabeni zothamsanqeliswa ngenzala yakho. Iyonke loo nto kungenxa yokundithobela kwakho.’ ”

19UAbraham wabuyela kwizicaka zakhe, bonke baphindela eBheshebha apho waba ngummi khona.

Inzala kaNahore

20Emva kwexesha uAbraham weva ukuba uMilika uzalele uNahore umninawa wakhe abantwana abasibhozo.

21Yayingu-Uzi izibulo, yaba nguBhuzi, kweza uKamweli uyise ka-Aram.

22Kulandele uRhesedi, noHazo, noPildashe, noJidelafu, kunye noBhetuweli.

[23] pai de Rebeca. Esses foram os oito filhos que Milca deu a Naor, irmão de Abraão.

[24] Além disso, Reumá, concubina de Naor, também lhe deu os seguintes filhos: Tebá, Gaã, Taás e Maaca.

[23]UBhetuweli wazala intombi uRabheka. Aba bantwana basibhozo bazalwa nguMilika umka-Nahore umninawa ka-Abraham.

[24]Iqadi likaNahore, uRewuma, lazala uTebha, noGaham, noTahashe, kunye noMahaka.

Gênesis 23

A morte de Sara

[1] Sara viveu cento e vinte e sete anos.

[2] Ela faleceu em Quiriate-Arba, que é Hebrom, em Canaã; e Abraão foi cumprir o luto por Sara e chorou a sua falta.

[3] Depois Abraão deixou ali o corpo de sua esposa e foi falar com os hititas:

[4] “No meio de vós sou apenas um estrangeiro e um residente. Concedei-me uma posse funerária, em vossas terras, para que eu tenha onde sepultar o corpo da minha mulher”.

[5] Os hititas deram a seguinte resposta a Abraão:

[6] “Meu senhor, ouve-nos! Tu és um príncipe de Deus entre nós; enterra, pois, teu morto na mais nobre de nossas sepulturas; ninguém de nós se recusará a oferecer-te sua própria sepultura!”

[7] Então Abraão levantou-se e se inclinou diante do povo daquela terra, os filhos de Hete,

[8] e rogou-lhes: “Se consentis que eu leve meu morto e o enterre, ouvi-me e intercedei por mim junto a Efrom, filho de Zoar,

[9] a fim de que ele me ceda a gruta de Macpela, que lhe pertence e que está na

Eyeziqalo 23

Ukubhubha kukaSara

[1]USara uhleli wade wanekhulu elinamashumi amabini anesixhenxe ubudala.

[2]Ubhubhele eKiriyati-arbha, ekuthiwa yiHebron, kwelaseKanana. Waba buhlungu uAbraham, wamzilela umkakhe.

[3]UAbraham wesuka apho wafela khona umkakhe, waya kumaHeti. Ufike wathi kubemi balapho:

[4]“Ndingumfiki nomhambi apha; ndinikeni indawo apho ndingamngcwabela khona umkam.”

[5]Athe ukuphendula uAbraham amaHeti:

[6]“Phulaphula, mhlekazi, kuthi uyinkosi. Siyakukhululela; ungamngcwaba umfikazi kweyona ndawo uyithandayo.”

[7]Waphakama uAbraham, wakhahlela kumaHeti,

[8]wathi: “Ukuba niyavuma ndimngcwabe apha umfikazi, ndiceleleni kuEfron unyana kaZoware

[9]ukuba andithengisele laa mqolomba useMakapela; nankuya emdeni womhlaba

extremidade de seu campo. Que ele ma dê por seu pleno valor, na vossa presença, como posse funerária”.

10 Ora, Efrom, o heteu, estava sentado entre os filhos de Hete; ele tomou a palavra e declarou a Abraão, diante de todos os hititas que haviam se achegado à porta da cidade:

11 “Ó não, meu senhor, ouve-me! Eu te dou o campo e te dou também a caverna que nele está, faço-te esta oferta na presença dos filhos de meu povo. Enterra pois o teu morto!”

12 Abraão inclinou-se diante dos homens da terra

13 e assim replicou a Efrom, sendo ouvido por todos ali reunidos: “Se concordas, ouve-me, eu te peço! Darei o preço do campo, aceita-o de mim, e lá enterrarei o corpo de minha esposa”.

14 Efrom contestou Abraão:

15 “Meu senhor, ouve-me; aquele pedaço de terra vale quatrocentas peças de prata, mas o que significa isso entre mim e ti? Enterra, portanto, o teu morto!”

16 Então Abraão concordou com Efrom e pagou-lhe o preço por ele estipulado, pesando-lhe o valor da compra na presença dos filhos de Hete: quatrocentas peças de prata, de acordo com o sistema de pesos e valores usado entre os mercadores.

17 Assim, o campo de Efrom, que está em Macpela, defronte de Manre, o próprio campo com a gruta que nele há e todas as árvores dentro das divisas do campo,

wakhe. Ze nithi makandinike ngexabiso lawo, ukuze ndiwuthenge, ndingcwabe kuwo.”

10UEfron wayehleli namanye amaHeti enkundleni yembizo yedolophu kuthe nqwadalala. Wenjenje ukuphendula, eviwa ngumntu wonke owayelapho:

11“Hayi, mhlekazi, mandithi ndiyakunika laa mhlaba ndawonye naloo mqolomba ulapho. Loo nto ndiyithetha apha phambi kwamawethu, la athe thande apha; ndithi ndiyakunika laa mhlaba wakuthi; ungamngcwaba khona umfikazi.”

12UAbraham wakhahlela kubantu balapho.

13Waza wathi kuEfron, eviwa ngumntu wonke: “Ndiyakucela, ndiphe indlebe! Ndiza kukunika ixabiso lemali yalaa mhlaba. Yithathe le mali, ukuze nam ndixole, ndingcwabe khona umfikazi.”

14Uthe uEfron:

15“Mhlekazi, laa mhlaba ziisiliva ezimakhulu mane kuphela; asinto loo nto kuwe nakum. Hamba uye kumngcwaba umkakho.”

16UAbraham wavuma, waza wayibala loo mali yayifunwa nguEfron apho phambi kwabantu. Yaba ngamakhulu amane eesiliva ngokomlinganiselo wabarhwebi.

17-18Wawufumana ngolo hlobo ke uAbraham umhlaba kaEfron owawuseMakapela ngasempumalanga yeMamre. Yayiyintsimi, umqolomba, kunye nemithi eyayikho.

[18] foram transferidos a Abraão como sua legítima propriedade perante todos os hititas que haviam vindo à porta da cidade.
[19] Em seguida, Abraão foi e enterrou o corpo de Sara na gruta do campo de Macpela, defronte de Manre, que se encontra em Hebrom, na terra de Canaã.
[20] Foi dessa maneira que o campo e a caverna que ali estão foram adquiridos por Abraão, dos filhos de Hete, como posse funerária.

Gênesis 24

Abraão manda seu servo buscar uma mulher para Isaque

[1] Abraão era então um homem muito idoso, avançado em dias, e o SENHOR em tudo o havia abençoado.
[2] Então Abraão ordenou ao servo mais velho de sua casa, que governava todos os seus bens: "Põe tua mão por baixo de minha coxa e jura;
[3] eis que te faço jurar por Yahweh, o Deus dos céus e o Deus da terra, que não buscarás para meu filho uma mulher entre as filhas dos cananeus, no meio dos quais estou vivendo.

[4] Mas irás à minha terra, à minha parentela, e escolherás uma mulher para o meu amado filho Isaque!"

[5] Questionou-o o servo: "Porém é possível que a mulher não queira me acompanhar até esta terra; nesse caso deverei levar teu filho de volta à terra de onde vieste?"
[6] Ao que Abraão o preveniu: "Por nenhum motivo leva o meu filho para lá!

Yangqinwa loo nto ngawo onke amaHeti awayekuloo mbizo.

[19]UAbraham wamngcwaba ke umkakhe uSara kuloo mqolomba eMakapela ngaseMamre eseHebron kwelaseKanana.

[20]Loo mhlaba ke owawungowamaHeti kunye naloo mqolomba waba ngoka-Abraham, wangcwabela kuwo.

Eyeziqalo 24

UIsake ufunelwa umfazi

[1]Wayeseleyinkothovu yexhego uAbraham ngeli xesha, waye uNdikhoyo emthamsanqelisa kuyo yonke into ayenzayo.

[2]Ngenye imini wathi kwisicaka sakhe esithembekileyo esasiyinduna emzini wakhe: "Khawufunge!

[3]Ndifuna ufunge phambi kukaNdikhoyo uThixo wezulu nomhlaba ukuba akusayi kumfunela umfazi unyana wam apha kwezi ntombi zaseKanana.

[4]Kufuneka uye kwilizwe lakowethu, apho ikhoyo inkaba yam. Kulapho uya kumfunela khona umfazi uIsake, phakathi kwezizalwane zam."

[5]Sibuzile sathi isicaka sika-Abraham: "Ukuba loo ntombi ayivumi ukulishiya ikhaya layo ize apha kweli lizwe, ze ndithini? Ze ndimse apho kwelo zwe unyana wakho uIsake?"

[6]Uthe uAbraham: "Uze ungakhe umse apho unyana wam.

[7] Yahweh, o Deus dos céus e o Deus da terra, que me tomou de minha terra paterna e da terra de minha parentela, que me prometeu e que jurou que daria esta terra à minha descendência, Yahweh enviará seu anjo diante de ti, para que tomes lá uma mulher para meu filho.

[8] Se a mulher se recusar a te seguir, ficarás então desobrigado do juramento que te imponho neste momento. Em todo caso, não conduzas meu filho para lá!"

[9] O servo, então, colocou a mão por baixo da coxa de Abraão, seu senhor, e, seguindo a tradição, jurou cumprir aquela palavra empenhada.

[10] Em seguida, o velho servo preparou dez camelos de Abraão e uma porção generosa de presentes, e partiu para Arã Naaraim, a Mesopotâmia, em direção à cidade onde Naor havia habitado.

[11] Ao cair da tarde, quando as mulheres costumam sair para buscar água, ele fez os camelos se ajoelharem junto ao poço que ficava fora da cidade.

[12] Então orou: "Yahweh, Deus de meu senhor Abraão, sê-me hoje propício e mostra tua benevolência para com meu senhor Abraão!

[13] Eis que estou junto à fonte e as filhas dos homens da cidade saem para tirar água.

[14] A jovem a quem eu solicitar: 'Inclina o teu cântaro para que eu beba' e que responder: 'Bebe, e também a teus camelos darei a beber,' essa será a que designaste para o teu servo Isaque, e assim entenderei

[7]NguNdikhoyo uThixo wezulu nomhlaba ngokwakhe owandisusa kwilizwe lakowethu, naphakathi kwezizalwane zam, wandithembisa efunga ukuba lo mhlaba uya kumiwa ngabazukulwana bam. Nguye oya kuthumela isithunywa sakhe apho, ungekafiki wena. Ke wofika apho uyifumane intombi eyoba ngumfazi wonyana wam.

[8]Ukuba ke loo ntombi ayifuni kuza kweli lizwe, woba ke ukhululekile wena kwesi sifungo. Kodwa nokuba sekutheni, uzungakhe ulinge ukumsa kwelo zwe unyana wam."

[9]Sasenza ke isifungo saso isicaka, sithembisa ukwenza loo nto asiyalela yona uAbraham.

[10]Induna ka-Abraham yahamba neshumi leenkamela, yaphatha neendidi ngeendidi zezipho. Yanduluka ukuya kwisixeko esasiseAram-narayimapho wayemi khona uNahore.

[11]Yafika ukutshona kwelanga apho, ngexesha kanye iintombi ziya kukha amanzi. Iinkamela yaziphumza ngakumthombo owawusekungeneni kwesixeko eso.

[12]Wathandaza loo mfo wathi: "Ndikhoyo, Thixo wenkosi yam uAbraham, khawundincede namhlanje usikhumbule isithembiso owasenza kuAbraham.

[13]Naku ndilapha ngakulo mthombo, apho iintombi zalapha zikha khona amanzi.

[14]Maze kuthi ke xa ndithi kuzo mazindikhelele amanzi ndisele, ithi leyo ithe yandipha yaza yathi iza kupha neenkamela zam zisele, ndiqonde ngaloo nto ke ukuba yile uyikhethele ukuba yendele kuIsake

que mostraste tua bênção para com meu senhor!”

isicaka sakho. Ndokwazi kananjalo ukuba usigcinile isithembiso owasenza enkosini yam uAbraham.”

O encontro de Rebeca

15 Antes mesmo que ele terminasse de orar, surgiu Rebeca, filha de Betuel, filho de Milca, mulher de Naor, irmão de Abraão, trazendo no ombro o seu cântaro.

15Uthe engekaphezi nokuthandaza kwafika uRabheka emthonjeni, ethwele ingqayi yamanzi. Yena ke yintombi kaBhetuweli unyana kaNahore umninawa ka-Abraham. Unina kaBhetuweli nguMilika.

16 A jovem era sobremodo bonita e virgem; nenhum homem tivera relações sexuais com ela. Rebeca desceu à fonte, encheu seu cântaro e voltou.

16Wayeyinzwakazi, eseyintombi nto engayaziyo indoda. Wehla waya emthonjeni, wayizalisa ingqayi, wabuya.

17 Então o servo apressou-se, foi ao encontro dela e pediu-lhe: “Por favor, deixa-me beber um pouco de água do teu cântaro?”

17Loo mfo wakhawuleza ukumhlangabeza, wathi: “Khawundiphe amanzi ndisele kuloo ngqayi yakho.”

18 Ao que ela respondeu: “Bebe, meu senhor”, e prontamente tirou de sobre os ombros o cântaro d’água e o serviu.

18Wathi uRabheka: “Ungasela, mhlekazi.” Watsho eyithoba ingqayi, wambambela lo gama aselayo.

19 Assim que acabou de lhe dar de beber, exclamou: “Vou dar de beber também a teus camelos, até que fiquem saciados!”

19Akugqiba ukusela loo mfo, uthe uRabheka: “Ndiza kuzikhelela neenkamela zakho, zisele zanele.”

20 Apressou-se em esvaziar todo o seu cântaro no bebedouro dos animais e correu ao poço para tirar mais água e tirou-a para todos os camelos.

20Wawagalela loo manzi ayesengqayini kwindawo yokuselela iinkamela, waquqa esiya kukha amanye, zada zasela zanela.

21 O velho homem a observava atentamente, em silêncio, questionando-se intimamente se o SENHOR tinha ou não coroado de êxito a missão de seu servo.

21Lo mfo wayebukele ethe cwaka, ecinga ukuba ngaba lwaluphumelele na uhambo lwakhe.

22 Quando os camelos acabaram de satisfazer a sede, o homem tomou um pingente de ouro, com seis gramas, em forma de aliança, e o colocou no nariz da moça. E também lhe deu duas pulseiras de

22Zakugqiba ukusela iinkamela loo mfo wakhupha ijikazi legolide, waliqhoboshela empumlweni kaRabheka, wamfaka nezacholo zegolide ezingalweni.

ouro, que pesavam cerca de cento e vinte gramas.

23 Em seguida, lhe indagou: “Por favor, de quem és filha? Peço-te também que me informes se haverá lugar na casa de teu pai para que eu e minha comitiva possamos pernoitar”.

23Wabuza wathi: “Uyintombi kabani? Phofu singayifumana indawo yokulala kowenu, sikhe siphumle ngokuhlwanje?”

24 E a jovem respondeu: “Eu sou filha de Betuel, filho que Milca deu a Naor”.

24“Ndiyintombi kaBhetuweli, ozalwa nguNahore noMilika,” yatsho ukuphendula.

25 E acrescentou: “Em nossa casa há muita palha e forragem para alimentar os animais, e um bom lugar para o senhor e seus companheiros passarem a noite”.

25“Kukho iindiza nehabile eninzi ekhaya, ikwakho nendawo yokulala.”

26 Diante disso o velho servo curvou-se em adoração ao SENHOR,

26Loo ndoda yaguqa yathandaza yathi:

27 e declarou: “Bendito seja Yahweh, Deus do meu senhor Abraão, que não retirou sua bênção e sua benevolência do meu senhor. Quanto a mim, o SENHOR guiou todos os meus passos até a casa dos parentes do meu senhor!”

27“Makabongwe uNdikhoyo, uThixo ka-Abraham inkosi yam, othe wanyaniseka ekugcineni isithembiso sakhe. NguNdikhoyo ondikhokelele ngqo emzini wezizalwana zenkosi yam.”

28 A moça correu para anunciar aos da casa de sua mãe tudo o que acontecera.

28Loo ntombi yabaleka ukuya kowayo, yafika yabalisa.

29 Ora, Rebeca tinha um irmão que se chamava Labão, e Labão correu ao encontro do velho homem, na fonte.

29URabheka wayenomnakwabo ekuthiwa nguLabhan. Yena wasukela ukuya emthonjeni apho kwakukho isicaka sika-Abraham.

30 Pois assim que observou o pingente e as pulseiras de ouro, e quando ouviu sua irmã Rebeca relatar: “Eis como o homem me falou”, ele saiu em busca daquele homem e o achou ainda de pé junto aos camelos, na fonte.

30ULabhan wayelibonile ijikazi nezacholo zodade wabo, eyivile nento eyathethwa nguloo mfo kuye. Ufike wathi kweso sicaka sika-Abraham sasimi ngasemthonjeni neenkamela zaso:

31 Então Labão se antecipou dizendo: “Vem, bendito de Yahweh! Por que permaneces sem abrigo? Já vos preparei casa e lugar para os camelos!”

31“Mhlekazi, wena uNdikhoyo ukuthamsanqelisile; yiza siye ekhaya; mus' ukum' apha. Kukho indawo ekhaya, nditsho neyokugcina iinkamela zakho.”

[32] O homem chegou à casa e Labão descarregou os camelos, deu palha e forragem aos camelos e, a ele e aos homens que o acompanhavam, água para lavarem os pés.

[32]Yahamba naye ke loo ndoda, yaya kowabo, uLabhan wazithula imithwalo iinkamela, wazipha nokutya. Weza namanzi, aza loo madoda ahlamba iinyawo.

[33] Então, quando vieram lhe oferecer comida, ele pediu a palavra dizendo: "Não comerei antes de comunicar a mensagem que trago comigo!" Ao que Labão replicou: "Fala".

[33]Kweziswa nokutya, sathi isicaka sika-Abraham: "Andikazi kutya ndide ndiluthethe udaba endihambele lona." Uthe uLabhan: "Thetha sive."

[34] E ele prosseguiu: "Eu sou servo de Abraão.

[34]"Mna ndisisicaka sika-Abraham," utshilo lo mfo.

[35] O SENHOR cumulou meu senhor de bênçãos e ele tornou-se muito rico: deu-lhe ovelhas e bois, prata e ouro, servos, servas, camelos, jumentos.

[35]"UNdikhoyo wamthamsanqelisa uAbraham, wamenza isityebi. Uneenkomo, neegusha, neebhokhwe, kunye nemali yesiliva negolide. Unazo nezicaka ezingamadoda nezibhinqileyo, ukwanazo neenkamela needonki.

[36] Sara, a esposa de meu senhor, quando ele já era idoso, gerou-lhe um filho, ao qual ele transferiu todos os seus bens.

[36]USara inkosikazi yenkosi yam wazala unyana sele aluphele. Nguloo nyana indlalifa ka-Abraham.

[37] Meu senhor me fez prestar um juramento: 'Não tomarás para meu filho uma mulher entre as filhas dos cananeus, em cuja terra habito.

[37]Inkosi yam uAbraham yathi mandifunge ukuba andiyi kumthathela umfazi unyana wakhe phakathi kweentombi zaseKanana apho akhoyo.

[38] Infeliz de ti se não fores à minha casa paterna, à minha família, escolher uma esposa para meu filho!'

[38]Wathi kufuneka ndiye kowabo, ndimthathele umfazi unyana wakhe phakathi kwezizalwane zakhe.

[39] Ao que eu ponderei ao meu senhor: 'Talvez essa mulher não queira me seguir'.

[39]Ndathi ke mna kuye: 'Ukuba loo ntombi ayifuni kumka kowayo, ze ndithini?'

[40] Mas ele me assegurou: 'Yahweh, na presença de quem eu caminho, enviará seu anjo contigo, ele te dará êxito, e tomarás para meu filho uma mulher de minha família, de minha casa paterna.

[40]Wathi yena uNdikhoyo amkhonzayo wothumela isithunywa sakhe phambi kwam, khon' ukuze uphumelele umcimbi endiwuhambelayo. Mna kufuneka ndithathe umfazi kowabo, phakathi kwezizalwana zakhe.

[41] Então ficarás desobrigado do juramento que me fizeste: irás à minha família e, se eles te recusarem, estarás livre de qualquer maldição pelo não cumprimento do teu juramento'.

[41]Wathi ukuba ndiyenzile loo nto, zaza izizalwana zakhe azavuma ukundinika intombi yazo, ndoba ke mna ndikhululekile esifungweni sam.

[42] Hoje cheguei à fonte e orei: 'Yahweh, Deus de meu senhor Abraão, mostra, eu te rogo, se estás disposto a levar a bom termo o caminho que percorri.

[42]"Ndithe ke ndakufika kulaa mthombo namhlanje, ndamcela uNdikhoyo uThixo wenkosi yam uAbraham ukuba ze lo mcimbi ndiwuhambeleyo uphumelele.

[43] Eis-me aqui junto à fonte; a jovem que sair para tirar água, a quem eu disser: Por favor, dá-me de beber um pouco de teu cântaro,

[43]Ndathi: 'Ndim lo, ndimi apha ngakulo mthombo. Ze kuthi ke xa kukho ntombi ifikayo apha, ndithi ndakucela amanzi

[44] e que me responder: 'Bebe, e tirarei água também para teus camelos, será a mulher que o SENHOR destinou ao filho de meu senhor'.

[44]indiphe, ivume ukuseza neenkamela zam, ndiya kuqonda ngaloo nto ke ukuba yile uyikhethele unyana wenkosi yam.'

[45] Antes mesmo de acabar de orar em meu íntimo, surgiu Rebeca, com o cântaro ao ombro. Dirigiu-se à fonte e tirou água, e eu lhe solicitei: 'Por favor, dá-me de beber!'

[45]Ndithe ndingekaphezi noko kuthandaza wee gqi uRabheka ethwele ingqayi, wehla waya kukha amanzi emthonjeni. Ndicelile ukuba andiphe amanzi ndisele.

[46] Ela logo abaixou seu cântaro e respondeu: 'Bebe; darei de beber também a teus camelos'. Eu bebi e ela deu de beber também a meus camelos.

[46]Kwangoko uyithule ingqayi abeyithwele, wathi mandisele, watsho esithi neenkamela zam uza kuzithuthela amanzi zisele. Ndisele ke, neenkamela zam zasela.

[47] Eu lhe indaguei: 'De quem és filha?' e ela me informou: 'Eu sou a filha de Betuel, filho que Milca deu a Naor'. Então eu coloquei esse anel em suas narinas e esses braceletes em seus braços.

[47]Ndibuze ukuba uyintombi kabani na. Wathi yena uyintombi kaBhetuweli ozalwa nguNahore noMilika. Ndimfake elaa jikazi ahombe ngalo, ndamnxiba nezacholo ezingalweni.

[48] Em seguida, ajoelhei-me e adorei ao SENHOR. E louvei a Yahweh, Deus de meu senhor Abraão, que me conduziu por seu caminho bom e certo, a fim de buscar, para o filho dele, a neta do irmão do meu senhor.

[48]Ndiguqile, ndinqula ndibulela uNdikhoyo uThixo ka-Abraham inkosi yam, lo undizise ngqo apha kwintombi engumzukulwana womtakwabo wenkosi yam engendela kunyana wayo.

[49] Agora, pois, se estais dispostos a demonstrar ao meu senhor, vossa

[49]Yitshoni ke ngoku ukuba nizimisele ukuyenzela le mbeko inkosi yam,

benevolência e bondade, fazei-mo saber; caso contrário, declarai-mo, para que eu vá, ou para a direita ou para a esquerda!”

50 Labão e Betuel tomaram a palavra e declararam: “Isso procede do SENHOR, nada podemos lhe dizer, nem a favor, nem contra.

51 Aqui está Rebeca na tua presença! Toma-a e vai-te; seja ela a esposa do filho do teu senhor, de acordo com a vontade expressa do SENHOR”.

52 Tendo ouvido o servo de Abraão tais palavras, prostrou-se em terra, diante do SENHOR.

53 E tirou jóias de ouro e de prata e vestidos e os deu a Rebeca; também deu ricos presentes a seu irmão e a sua mãe.

54 Depois comeram e beberam, ele e os homens que estavam com ele, e passaram a noite. De madrugada, quando se levantaram, disse o velho servo: “Deixa-me ir para o meu senhor”.

55 Então o irmão e a mãe de Rebeca pediram: “Que a moça fique ainda dez dias conosco, em seguida ela partirá!”

56 Mas ele lhes replicou: “Por favor, não me detenhais, pois foi o SENHOR quem me deu êxito; deixa-me partir agora, a fim de que eu vá para o meu senhor!”

57 Ao que eles propuseram: “Chamemos a moça e peçamos-lhe seu parecer!”

Rebeca consente em casar com Isaque

58 Então eles chamaram Rebeca e lhe indagaram: “Queres partir com este homem?” E ela afirmou: “Sim, quero”.

ninyaniseke kuyo; naxa kungenjalo ndixeleleni, khon' ukuze ndibone cebo limbi.”

50Bathe ukuphendula ooLabhan noBhetuweli: “Asingethi: ‘Hayi,’ okanye: ‘Ewe;’ kuba sijongile nje ngathi le nto ayiyodwa, inomnwe kaNdikhoyo kuyo.

51Nanku uRabheka, ukho; mthathe uhambe naye, aye kwendela kunyana wenkosi yakho, njengoko ebonile uNdikhoyo.”

52Yakuyiva loo nto induna ka-Abraham yaguqa yathandaza ibonga uNdikhoyo.

53Ikhuphe izambatho ezihle, nezacholo zegolide nezesiliva, yazinika uRabheka. Iphe nomnakwabo kunye nonina izipho zexabiso.

54Emva koko loo nduna ka-Abraham yaya kutya naloo madoda yayihamba nawo. Balala apho ngobo busuku. Bathe bakuvuka ngengomso, yathi induna ka-Abraham: “Siza kucela indlela sigoduke namhlanje.”

55Umnakwabo-Rabheka nonina bathe: “Ubungeyishiyi na intombi okweentsukwana nokuba zilishumi, ize ibuye ilandele?”

56Ithe induna: “Hayi, sanukundibambezela; uNdikhoyo ewuqabelisile nje umcimbi ebendiwuhambele, yini ngoku? Ndiyekeni ndibuyele ekhaya kwinkosi yam.”

57Bathe ke makhe kubizwe uRabheka, khe kuviwe kuye.

58Ubiziwe ke, wabuzwa ukuba uyahamba na kunye nalo mfo. Uphendule ngelithi: “Ewe, ndiyahamba.”

[59] Diante disso deixaram partir sua irmã Rebeca, com sua ama, o velho servo de Abraão e sua comitiva.

[60] E impetraram uma bênção sobre Rebeca dizendo: "Tu és nossa irmã: sê tu mãe de milhares de miríades! Que a tua posteridade conquiste as cidades dos teus inimigos!"

[61] Rebeca e suas servas levantaram-se, montaram sobre os camelos e seguiram o velho homem. O servo tomou Rebeca e partiu.

[62] Ora, Isaque vinha voltando de Beer-Laai-Roi, o "Poço Daquele que Vive e me Vê", porquanto habitava nas terras do Neguebe.

[63] Certa tarde saiu ao campo para meditar. Ao erguer os olhos, viu que se aproximavam camelos.

[64] Rebeca também ergueu os olhos e viu Isaque. Ela desceu do camelo

[65] e indagou ao velho servo: "Quem é aquele homem que vem pelo campo ao nosso encontro?" Ao que lhe respondeu o servo: "É o meu senhor!" Então ela se cobriu com o véu.

[66] Mais tarde o servo contou a Isaque tudo o que havia visto e realizado.

[67] Isaque levou Rebeca para a tenda onde sua mãe Sara havia morado; fez dela sua esposa, e muito a amou; assim Isaque foi consolado após a morte de sua mãe.

Gênesis 25

Abraão casa com Quetura e tem filhos dela

[59]Bamkhulula ke uRabheka ukuba ahambe naloo nduna ka-Abraham kunye naloo madoda yayihamba nawo. Waphelekwa sisicakakazi sakowabo awayekhulela phantsi kwaso.

[60]Bamndulula ngentsikelelo, besithi: "Hamba ke, ntombi! Unga ungazala waphule uluthi, ube nenyambalala yabantwana. Banga bangazoyis' iintshaba zabo, baziphange nemihlaba yazo."

[61]URabheka kunye nabafazana ababemkhapha bazilungiselela ukukhwela iinkamela, baza banduluka kunye nesicaka sika-Abraham.

[62]UIsake wayeselefudukile waya kutsho ngakumthombo kaPhila-endibonile, selemi emazantsi eKanana.

[63]Ngamhla uthile ngorhatya uIsake wayehamba-hamba endle, wabona kusithi gqi iinkamela, zisiza ngakuye.

[64]URabheka akubona uIsake wehla enkameleni yakhe,

[65]wabuza kwinduna ka-Abraham wathi: "Ngubani lowa ucanda emasimini esihlangabeza?" Ithe ukuphendula: "Yinkosi yam leya." Kwangoko uRabheka uthathe iqhiya yakhe, wazigqumа ubuso.

[66]Yambalisela konke induna uIsake.

[67]UIsake umngenise uRabheka kulaa ntente yayiyekanina uSara, wamenza umkakhe. UIsake wayemthanda kakhulu uRabheka, kangangokuba savaleka nesikroba esabangwa kukusweleka kukanina uSara.

Eyeziqalo 25

Inzala ka-Abraham noKetura
(1 Gan 1:32-33)

[1] Abraão desposou ainda outra mulher, chamada Quetura.
[2] Ela lhe deu os seguintes filhos: Zinrã, Jocsã, Medã, Midiã, Isbaque e Suã.
[3] Jocsã gerou Sabá e Dedã; os descendentes de Dedã foram os assuritas, os letusitas e os leumitas.

[4] Os filhos de Midiã foram Efá, Éfer, Enoque, Abida e Elda. Todos esses foram descendentes de Quetura.

[5] Abraão transferiu todos os seus bens a Isaque.
[6] Quanto aos filhos de suas concubinas, Abraão lhes deu presentes e os enviou, ainda em vida, para morar longe de seu filho Isaque, para leste, para a terra do Oriente.

[7] Eis a duração da vida de Abraão: cento e setenta e cinco anos.

Abraão morre

[8] Depois Abraão expirou: morreu numa velhice feliz, idoso e repleto de bons anos, e foi reunido aos seus antepassados.

[9] Seus filhos, Isaque e Ismael, o sepultaram na gruta de Macpela, próximo a Manre, no campo de Efrom, filho de Zoar, o heteu,

[10] campo que Abraão comprara dos hititas. Foi ali que Abraão e Sara, sua esposa foram sepultados.

[11] Depois da morte de Abraão, Deus continuou a abençoar sobremaneira seu filho Isaque, e Isaque habitou junto ao povo de Beer-Laai-Roi.

[1]UAbraham wathatha omnye umfazi ogama linguKetura.
[2]UKetura wazala uZimran noYokeshan, uMedan noMidiyan, uIshbhaki noShuwa.
[3]UYokeshan wazala uShebha noDedan. Ama-Ashuri la yinzala kaDedan, kunye namaLetushi namaLewumi.
[4]Oonyana bakaMidiyan nguHefa noEfere, noHanoki, uAbhida noElda. Ngabazukulwana bakaKetura bebonke ke abo.
[5]UAbraham walishiya kuIsake lonke ilifa lakhe.

[6]Kodwa ke ngaphambi kokuba abhubhe wabaphawulela noonyana bezindlu ezincinci. Emva koko wabandulula baya kuma kwimihlaba engasempumalanga.

Ukubhubha kuka-Abraham

[7-8]Ubhubhe seleyinkothovu yexhego elinekhulu linamashumi asixhenxe anesihlanu uAbraham.

[9]Wangcwatyelwa kulaa mqolomba useMakapela ngoonyana bakhe uIsake noIshmayeli. Wawungasempumalanga yeMamre entsimini awayeyifumene kuEfron unyana kaZoware umHeti.
[10]Yilaa ntsimi uAbraham wayeyithenge kumaHeti. Wangcwatyelwa apho ke kuloo ndawo wayengcwatywe kuyo uSara umkakhe.
[11]Akubhubha uAbraham, uThixo wamthamsanqelisa uIsake unyana wakhe owayemi ngasemthonjeni kaPhila-endibonile.

Os descendentes de Ismael

12 Este é o registro da descendência de Ismael, o filho de Abraão que Hagar, a serva egípcia de Sara, deu a ele.
13 São estes os nomes dos filhos de Ismael, alistados por ordem de nascimento: Nebaiote, o filho mais velho de Ismael, Quedar, Adbeel, Mibsão,
14 Misma, Dumá, Massá,

15 Hadade, Temá, Jetur, Nafis e Quedemá.

16 Foram esses os doze filhos de Ismael, que se tornaram os líderes de suas tribos; seus povoados e acampamentos passaram a ser chamados por seus próprios nomes.

17 Ismael viveu cento e trinta e sete anos. Morreu e foi reunido à sua parentela.

18 Seus descendentes estabeleceram-se na região que vai de Havilá a Sur, perto da fronteira com o Egito, na direção de quem vai para Assur. E viveram em hostilidade contra todos os seus irmãos.

Os descendentes de Isaque

19 Eis a história da família de Isaque, filho de Abraão: Isaque foi gerado por Abraão;
20 era Isaque da idade de quarenta anos, quando se casou com Rebeca, filha de Betuel, o arameu de Padã-Arã e irmã de Labão, também arameu.
21 Isaque suplicou em oração ao SENHOR em favor de sua esposa, porquanto Rebeca era estéril. O SENHOR atendeu ao pedido de Isaque, e Rebeca, sua mulher, engravidou.
22 E aconteceu que dois filhos se empurravam no ventre de Rebeca, pelo que

Inzala kaIshmayeli
(1 Gan 1:28-31)

12-13Naba oonyana bakaIshmayeli unyana ka-Abraham owazalwa nguHagare umJiputakazi owayesisicakakazi sikaSara. Badweliswe ngokuvela kwabo. NguNebhayoti, noKedare, noAdebhele; uMibhesam,

14uMishma, noDuma, noMasa;
15uHadadi, noTema; uJeture, noNafishe, noKedama.

16Ngoonyana bakaIshmayeli ke abo, izizwana ezilishumi linambini. Iilali zabo nezikhulülo zabo zathiywa ngamagama abo.

17UIshmayeli wabhubha enekhulu linamashumi mathathu anesixhenxe ubudala.
18Isizukulwana sakhe saya kuma kulaa mhlaba uphakathi kweHavila neShure, ngasempumalanga yeJiputa xa ujonge eAsiriya. Babemi bethe geqe kwabanye abazukulwana baka-Abraham.

Ukuzalwa kukaEsawu noYakobi

19Nanga amagqabantshintshi ngoIsake unyana ka-Abraham.
20UIsake wayeselemashumi mane eminyaka ubudala ukuthatha kwakhe uRabheka, intombi kaBhetuweli, umAram wasePadan-aram, ekwangudade boLabhan.

21URabheka wayengazali; uIsake wamthandazela kuNdikhoyo. Weviwa umthandazo wakhe nguNdikhoyo, wathatha uRabheka.

22Wayekhulelwe amawele, ekwathi engekaveli avukelana esesesizalweni

expressou preocupação: “Por que está me acontecendo isto?” E buscou Rebeca o conselho do SENHOR.

23 Então revelou-lhe o SENHOR: “Duas nações estão represesntadas em teu ventre, já desde as tuas entranhas dois povos buscam a separação, e viverão como inimigos. Um povo será mais forte que o outro, e o mais velho servirá ao mais moço!”

O nascimento de Esaú e Jacó

24 Quando chegou o tempo de dar à luz, eis que ela trazia gêmeos.

25 O primeiro a sair era ruivo, e todo o seu corpo era como um manto de pelos; por esse motivo lhe deram o nome de Esaú.

26 Em seguida saiu seu irmão, com a mão agarrada no calcanhar de Esaú; razão pela qual foi chamado de Jacó. Tinha Isaque sessenta anos de idade quando Rebeca os deu à luz.

27 Os meninos cresceram. Esaú tornou-se caçador habilidoso e vivia percorrendo os campos, ao passo que Jacó cuidava do rebanho, era pacato e vivia nas tendas.

28 Isaque preferia Esaú, porque gostava de comer de suas caças; Rebeca, entretanto, preferia Jacó.

29 Certa vez, quando Jacó preparava um ensopado, Esaú chegou esgotado e faminto, do campo,

30 e pediu-lhe: “Deixa-me comer desse cozido vermelho, pois estou com muita fome e exausto!” Por isso, mais tarde, deram também a Esaú o nome de Edom; ou seja, “vermelho”.

sikanina. Wathi uRabheka: “Sisimanga sini esi sindihlelayo?” Wabhenela kuNdikhoyo ukuba amkhanyisele. Wathi kuye uNdikhoyo:

23“Uthwele izizwe ezibini; uya kuzala iintlanga ezahlukeneyo, olunye longamele olunye, omkhulu abe phantsi komncinci. ”

24Lakufika ixesha lakhe lokukhululeka, wazala amawele.

25Iwele elikhulu lalibomvana linga lambeswe ngengubo yoboya, kwathiwa ke nguEsawu igama lalo.

26Elincinci lavela libambelele nkqi esithendeni sikaEsawu, kwathiwa ke lona nguYakobi. Ukuzalwa kwala mawele uIsake wayeselemashumi mathandathu ubudala.

UEsawu uthengisa amalungelo obuzibulo bakhe

27Akukhula la makhwenkwe, uEsawu waba lizingela lomfo othanda ukusoloko esendle. UYakobi yena wathanda ukusoloko esekhaya, ephila ubomi obuzinzileyo.

28UIsake wayethanda uEsawu, kuba wayemana emzisela inyama yeenyamakazi. URabheka yena wayethanda uYakobi.

29Ngamini ithile uYakobi esapheka, wafika uEsawu evela kuzingela. Wayefile yindlala.

30Wathi kuYakobi: “Mfo, andilambe ngako! Khawundiphe kuloo nto ibomvu uyiphekileyo.” Yiyo loo nto uEsawu ekwabizwa ngokuthi nguEdom.

[31] Então Jacó lhe propôs: "Vende-me primeiro teu direito de primogenitura!"

[32] Ao que Esaú replicou: "Eis que eu vou morrer, de que me servirá o direito de primogenitura?"

[33] Jacó quis oficializar o ato: "Jura-me primeiro, portanto!" Esaú lhe jurou e vendeu seu direito de primogenitura a Jacó.

[34] Então Jacó lhe deu pão e o ensopado de lentilhas; ele comeu e bebeu até fartar-se; levantou-se e partiu. Assim desprezou Esaú todos os seus direitos de filho mais velho.

[31]Uphendule wathi uYakobi: "Kulungile, ukuba nje unganikezela ngamalungelo akho obuzibulo."

[32]Uthe uEsawu: "Mfondini, ndiyafa! Buza kundenzela ntoni obu buzibulo uthetha ngabo?"

[33]Uthe uYakobi: "Funga kuqala ukuba uza kundinika ubuzibulo." Wafunga ke uEsawu, enikezela ngobuzibulo bakhe kuYakobi.

[34]Wandula ke uYakobi ukumpha isonka nesophu leyo yeentlumayo. Watya, wasela; wasukuma, wemka. Kwakukangako ke ukungawaxabisi kwakhe uEsawu amalungelo akhe obuzibulo.

Gênesis 26

Isaque vai a Gerar por causa da fome

[1] Houve naquela região uma época de grande escassez de alimentos, como ocorrera no passado, no tempo de Abraão. Por esse motivo, Isaque foi até a cidade de Gerar, onde Abimeleque era o rei dos filisteus.

[2] O SENHOR apareceu a Isaque e orientou-o: "Não desças ao Egito; fica na terra que Eu te indicar.

[3] Habita nesta terra, Eu estarei contigo e te abençoarei. Porque é a ti e à tua raça que darei todas estas terras e manterei o juramento que fiz a teu pai Abraão.

[4] Farei a tua descendência numerosa como as estrelas do céu. Eu lhe darei todas estas terras e por tua posteridade serão abençoadas todas as nações da terra,

[5] porque Abraão me obedeceu, guardou minhas ordenanças*, meus mandamentos, meus princípios e minhas leis!"

[6] Isaque, portanto, se estabeleceu em Gerar.

Eyeziqalo 26

UIsake ufudukela eGerare

[1]Kwafika indlala kwelo zwe, ngaphandle kwaleya yakhe yabakho ngexesha lika-Abraham. UIsake ke waya kuAbhimeleki, ukumkani wamaFilistiya, owayemi eGerare.

[2] UNdikhoyo wavela ephupheni kuIsake esithi: "Uze ungayi eJiputa; yima kumhlaba endithi hlala kuwo.

[3]Uze uhlale apha; ndoba nawe, ndikuthamsanqelise. Lo wona umhlaba uza kuwuma nenzala yakho. Isifungo endasenza kuyihlo ndiza kusifezekisa.

[4]Inzala yakho iza kuba ngangeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni, ndiyinike wonke lo mhlaba. Zonke iintlanga ziya kuthamsanqeliswa ngenzala yakho.

[5]Ndiza kukuthamsanqelisa, kuba uyihlo uAbraham wandithobela, wahamba ngokwemithetho nemiyalelo yam."

[6]Wema apho eGerare ke uIsake.

[7] Quando os homens do lugar o questionaram sobre sua mulher, ele alegou: “Ela é minha irmã!” Porquanto teve medo de revelar que era sua esposa, pois imaginou: “Os homens deste lugar podem me matar por causa de Rebeca, pois ela é muito bonita!”

[7]Wayesithi akubuzwa ngomkakhe ngamadoda alapho, athi ngudade wabo. Wayesoyika ukuthi uRabheka ngumkakhe, hleze ambulale athathe uRabheka, kuba wayemhle kakhulu.

[8] Isaque já estava morando em Gerar há muito tempo, quando Abimeleque, rei dos filisteus, olhando certa vez pela janela, viu Isaque acariciando Rebeca, sua mulher.

[8]Wayeselenethuba elide elapho uIsake. Ngamhla uthile uAbhimeleki wabona uIsake ngefestile esanga uRabheka.

[9] Então, Abimeleque mandou chamar Isaque e lhe indagou: “Na verdade ela é tua mulher! Por que me disseste que ela era tua irmã?” Isaque respondeu: “Porque pensei que eu poderia ser morto por causa dela!”

[9]UAbhimeleki wambiza uIsake, wathi: “Ingumkakho nje lo, kutheni le nto uhamba usithi ngudade wenu?” Uthe uIsake: “Ndoyika ukubulawa ngenxa yakhe.”

[10] Então declarou Abimeleque: “Tens ideia do que nos fizeste? Qualquer homem poderia ter-se deitado com tua mulher, e terias trazido culpa sobre todos nós!”

[10]Uthe uAbhimeleki: “Imbi le nto uyenzileyo. Enye indoda ibisenokulala nomkakho, loo nto ke isifake etyaleni.”

[11] E Abimeleque advertiu todo o povo: “Quem tocar neste homem e na sua esposa morrerá!”

[11]Wabayala ke bonke abantu uAbhimeleki ukuba bangabakhathazi ooIsake nomkakhe, esithi owenjenjalo wobulawa.

[12] Isaque semeou naquela terra; e, naquele ano, colheu o cêntuplo, porque o SENHOR o abençoou.

[12]UIsake walima amasimi akhe ngaloo nyaka, isivuno sakhe saba sikhulu ngokuphinda-phindeneyo, kuba kaloku uNdikhoyo wayemthamsanqelisa.

[13] O homem enriqueceu, e sua riqueza continuou a crescer, até que ficou riquíssimo e poderoso.

[13]Waya ehluma wada wasisinhanha somfo.

[14] Ele tinha muitos rebanhos de bois e ovelhas e numerosos servos. Por causa disso os filisteus começaram a sentir grande inveja dele.

[14]AmaFilistiya ammonela ngenxa yemihlambi awayenayo yeegusha neenkomo, nezicaka ezininzi.

[15] Todos os poços que os servos de seu pai haviam cavado, na época de seu pai

[15]Asuka ayidiba yonke imithombo eyembiwa zizicaka zikayise uAbraham.

Abraão, os filisteus os haviam entulhado e coberto de terra.

[16] Então Abimeleque pediu a Isaque: “É melhor que deixes esta terra, pois te tornaste mais poderoso do que nós!”

[16]UAbhimeleki weza kuIsake, wathi makemke kwilizwe labo, kuba wayebaluleke ngaphezu kwabo.

[17] Isaque partiu, pois, de lá e acampou no vale de Gerar, onde se estabeleceu.

[17]Wemka ke uIsake, waya kumisa umzi wakhe kuloo ntlambo yaseGerare. Wakha wathi vu apho okwexeshana.

[18] E tornou Isaque a abrir os poços que se cavaram nos dias de seu pai Abraão, e que os filisteus tinham entulhado depois da morte de Abraão, e lhes deu os mesmos nomes que seu pai lhes dera.

[18]Wabuya wayimba imithombo eyayimbiwe nguyise, kwaleya ayidibayo amaFilistiya akuba efile uAbraham. Wayibiza kwangalaa magama yayibizwa ngawo nguyise.

[19] Os servos de Isaque cavaram no vale e encontraram lá um grande veio d’água.

[19]Izicaka zikaIsake zemba kuloo ntlambo, zafumana iliso lomthombo.

[20] Todavia, os pastores de Gerar discutiram com os pastores de Isaque, argumentando: “A água é nossa!” Por esse motivo Isaque chamou esse poço de Eseque, “Discussão”, porquanto contenderam por causa dele.

[20]Abelusi baseGerare baxambulisana nabakaIsake, bebanga loo mthombo, besithi ngowabo. UIsake wawuthiya igama loo mthombo esithi yiMbambano, kuba kwabakho imbambano ngawo.

[21] Então seus servos cavaram outro poço, mas eles também por causa desse se desentenderam; e, por isso, o chamou Sitna, “Inimizade”.

[21]Wemba omnye umthombo uIsake, kwaza kwaxanjuliswana nangawo. Wathi igama lalowo buButshaba.

[22] Isaque mudou-se dali e construiu um outro poço, e ninguém discutiu por causa desse. Deu-lhe, portanto, o nome de Reobote, “Lugar Espaçoso”. E acrescentou: “Agora o SENHOR nos abriu um bom espaço e prosperaremos na terra!”

[22]Wemka apho, wemba omnye umthombo kwenye indawo ephangaleleyo. Akubangakho mbambano ngalowo, uthe ke ukuwubiza nguPhangalele. Wathi: “Ngoku uNdikhoyo usinike indawo ephangaleleyo. Siza kuba nenkqubela apha.”

[23] Dali Isaque subiu para Berseba.

[23]Wanduluka nalapho uIsake, wasinga eBheshebha.

[24] Naquela noite, o SENHOR lhe apareceu e prometeu: “Eu Sou o Deus de teu pai Abraão! Nada temas, pois estou contigo. Eu te abençoarei, multiplicarei tua posteridade em consideração a meu servo Abraão!”

[24]UNdikhoyo wavela kuye emathongweni ngobo busuku, wathi: “Mna ndinguThixo kayihlo uAbraham. Uzungoyiki, kuba ndinawe. Ndiza kukuthamsanqela, ndikuphe

25 Ali construiu um altar e invocou o Nome de Yahweh, o SENHOR. Ali ele armou sua tenda. E os servos de Isaque cavaram um outro poço.

Abimeleque faz um pacto com Isaque

26 Naquela época, veio Abimeleque, de Gerar, ter com Isaque. Trouxe consigo, Auzate, seu amigo pessoal, e Ficol, o comandante do seu exército.

27 Diante do que Isaque lhes questionou: "Por que vindes a mim, já que me odiais e me expulsastes do vosso meio?"

28 Ao que eles responderam: "Vimos com clareza que o SENHOR está contigo. Por isso combinamos: Façamos um juramento entre nós; queremos estabelecer um acordo contigo.

29 Tu não nos farás mal, assim como em nada te fizemos mal; ao contrário, sempre te tratamos bem e te despedimos em paz. Agora sabemos que verdadeiramente o SENHOR te tem abençoado".

30 Então Isaque lhes preparou um banquete e eles comeram e beberam.

31 Levantando-se de madrugada fizeram um juramento mútuo. Depois Isaque os despediu e eles o deixaram em paz.

32 Ora, foi naquele dia que os servos de Isaque lhe trouxeram notícias do poço que cavaram, exclamando: "Encontramos água!"

33 Isaque deu o nome de Seba, "Juramento" ao poço e, por esse motivo, até hoje aquela cidade é conhecida como Berseba.

inzala eninzi, kuba ndandimthembisile uyihlo, uAbraham isicaka sam."

25Wenza iqonga lamadini kuloo ndawo uIsake, wanqula uNdikhoyo khona. Wemisa umzi apho, wemba omnye umthombo.

Imvumelwano kaIsake noAbhimeleki

26UAbhimeleki weza evela eGerare, ehamba kunye noAwuzati, iphakathi lakhe, kunye noPikoli, umphathi-mkhosi, behambele uIsake.

27Wabuza ke uIsake wathi: "Ngaba nindihambele ngantoni ngoku, nakuba benindiphethe kakubi ndada ndalishiya ilizwe lenu?"

28Bathe: "Siyaqonda ngoku ukuba uNdikhoyo unawe. Saye ke sicinga ukuba kufuneka kukho isibhambathiso esisenzayo nawe. Sifuna ufunge

29ukuba akuyi kusenza nto, njengoko nathi singekhe sikwenze nto imbi. Kucacile kuthi ngoku ukuba wena uyathamsanqeliswa nguNdikhoyo."

30UIsake wabenzela isidlo, kwatyiwa, kwaselwa.

31Ngengomso bavuka kwakusasa, bazenza izifungo zemvumelwano, banduluka, bahlukana bevana.

32Ngaloo mhla izicaka zikaIsake zeza kumxelela ngomthombo ezawufumanayo, zawemba.

33Wathi igama laloo mthombo yiShebha.Lavela apho ke igama lesixeko ekuthiwa yiBheshebha.

UEsawu uthatha iintombi zasemzini

[34] Quando Esaú completou quarenta anos de idade, tomou como esposas a Judite, filha de Beeri, o heteu, e a Basemat, filha de Elom, também hitita.
[35] Essas jovens hititas tornaram-se uma grande amargura para Isaque e Rebeca.

Gênesis 27

Isaque manda Esaú fazer-lhe um guisado

[1] Isaque tornou-se muito idoso e seus olhos se enfraqueceram a ponto de não mais enxergar. Certo dia chamou Esaú, seu filho mais velho: "Meu filho!" Ao que ele respondeu: "Aqui estou!"

[2] Então pediu-lhe Isaque: "Vês, estou velho e não conheço o dia de minha morte.

[3] Agora, portanto, toma tuas armas, tua aljava e teu arco, sai ao campo e apanha-me uma caça.
[4] Faze-me um prato bem saboroso, como eu gosto e traze-mo, a fim de que eu coma e minha alma te abençoe antes que eu morra!"
[5] Ora, Rebeca ouvia enquanto Isaque falava com seu filho Esaú. Assim que Esaú saiu ao campo para caçar,

Rebeca e Jacó enganam Isaque

[6] Rebeca orientou seu filho Jacó: "Ouvi teu pai pedir a teu irmão Esaú:
[7] 'Traze-me uma caça e faze-me um prato saboroso; eu comerei e te abençoarei diante de Yahweh, antes de morrer!'
[8] Agora, pois, ouve-me e faze como te ordeno.
[9] Vai ao rebanho e traze-me de lá dois belos cabritos, e prepararei para teu pai um bom prato, como ele gosta.

[34]Akuba mashumi mane ubudala uEsawu, wathatha iintombi zamaHeti zambini. YayinguJuditi intombi kaBheri, noBhasemati intombi kaElon.
[35]Aba bafazi babahlalisa kabuhlungu ooIsake noRabheka.

Eyeziqalo 27

UYakobi unikwa iintsikelelo nguIsake

[1]Akwaluphala uIsake, namehlo akhe selenorhatyazo, ubize unyana wakhe omkhulu, wathi kuye: "Nyana wam!" Uthe ke yena: "Ndim lo, tata."

[2]Uthe uIsake: "Ndiyabona ukuba sendaluphele ngoku, ndaye ndingazi nokuba ndingafa nini na.

[3]Thatha utolo lwakho, uye kuzingela, undiphathele inyama yenyamakazi.

[4]Ndifuna undiphekele ukutya okunencasa, okona ndikuthandayo; undizisele nditye, ze ndikusikelele ndingekafi."

[5]URabheka wayephulaphule wonke lo gama uIsake athetha noEsawu. Uthe akuya kuzingela uEsawu,

[6]waya kuYakobi uRabheka, wathi: "Ndive uyihlo esithi uEsawu
[7]makamphathele inyama yenyamakazi, amphekele ukutya okunencasa, atye, khon' ukuze amsikelele ngoku engekafi.
[8]Ke, mfo wam, uze wenze le nto ndiza kukuxelela yona.

[9]Yiya phaya kulaa mhlambi, uze namatakane amabini atyebileyo eebhokhwe.

Ndiza kuphekela uyihlo ukutya akuthanda kakhulu.

10 Tu o apresentarás a teu pai e ele comerá, a fim de que te abençoe antes de morrer.”

10Kuya kusiwa nguwe kuyihlo, ukuze akusikelele engekafi.”

11 Entretanto Jacó ponderou à sua mãe Rebeca: “Vê: meu irmão Esaú é peludo, e eu tenho a pele muito lisa.

11Kodwa uYakobi yena uthe kunina: “Usazi nje ukuba uEsawu lixhonti, ndibe mna ndimpuluswa!

12 E se meu pai me apalpar? Poderá entender que estou tentando enganá-lo, fazendo-o de tolo e, em vez de bênção, atrairei sobre mim maldição.

12Ukuba ubawo undivile ngesandla, waqonda ukuba ndiyamkhohlisa, ayiyi kundizisela isiqalekiso loo nto endaweni yeentsikelelo?”

13 Afirmou-lhe sua mãe: “Que tal maldição recaia sobre mim, meu filho! Tão-somente faze o que te peço: Vai e traze os animais para mim!”

13Uthe unina: “Siya kuba phezu kwam eso siqalekiso, mfo wam. Yenza le nto ndithi yenze wena; yiza nalaa matakane.”

14 Então ele foi buscá-los e os trouxe para sua mãe que preparou um delicioso prato, exatamente como seu pai apreciava.

14Waya kuwathatha ke uYakobi, wawasa kunina, wapheka okona kutya kunencasa kuthandwa nguIsake.

15 Rebeca pegou as melhores roupas de Esaú, seu filho mais velho, roupas que guardava em casa, e mandou que Jacó, seu filho mais novo, as vestisse.

15URabheka wakhupha ezona zintle iimpahla zikaEsawu awayezigcinile, wazinxiba uYakobi.

16 Em seguida, com cuidado, cobriu-lhe as mãos e a parte lisa do pescoço com as peles dos cabritos,

16Wamgquma izandla ngofele lwebhokhwe, wamthandela nasentanyeni.

17 e, por fim, entregou a Jacó a refeição saborosa e o pão que tinha feito.

17Wamnika oko kutya kunencasa kunye nesonka awayesibhakile.

18 Então Jacó caminhou até seu pai e o chamou: “Meu pai!” Ao que respondeu Isaque: “Sim! Quem és tu, meu filho?”

18UYakobi wafika kuyise, wathi: “Tata!” Usabele wathi uyise: “Thetha; ungubani, mfo wam?”

19 Jacó disse a seu pai: “Sou Esaú, teu primogênito; fiz o que ordenaste. Levanta-te, por favor, assenta-te e come da minha caça, a fim de que tua alma me abençoe!”

19Uthe uYakobi: “NdinguEsawu, unyana omkhulu. Ndiyenzile into obundithume yona. Nantsi inyama. Vuka utye, uze undisikelele.”

20 Isaque questionou Jacó: “Como conseguiste encontrar a caça tão depressa,

20Uthe uIsake: “Wakhawuleza kangaka ukufumana inyamakazi? Wenze njani, mfo wam?” Uphendule wathi uYakobi:

meu filho?" E ele replicou: "É que Yahweh, o teu Deus, a colocou no meu caminho!"

21 Então Isaque solicitou a Jacó: "Aproxima-te, pois, para que te apalpe, meu filho, assim saberei se és mesmo, ou não, o meu filho Esaú!"

22 Jacó chegou bem perto de seu pai Isaque, que o apalpou e declarou: "A voz é a de Jacó, mas os braços são os de Esaú!"

23 Ele não o reconheceu porque seus braços estavam peludos como os de Esaú, seu irmão, e, sendo assim, ele lhe impetrou a sua bênção.

24 Isaque ainda questionou mais uma vez: "Tu és mesmo meu filho Esaú?" Ao que ele respondeu prontamente: "Sou!"

25 Então lhe ordenou: "Meu filho, serve-me, portanto, e que eu coma da caça de meu filho, a fim de que minha alma te abençoe!" Ele o serviu e Isaque comeu; trouxe-lhe também vinho, e ele bebeu.

26 Então seu pai Isaque lhe pediu: "Aproxima-te e beija-me, meu filho!"

27 Ele se aproximou e beijou seu pai que, ao sentir o cheiro das roupas de Esaú, abençoou Jacó, proferindo: "Ah, o cheiro de meu filho é como o cheiro de um campo fértil abençoado por Yahweh, o SENHOR!

28 Que Deus te conceda, do céu, o orvalho, e, da terra, a riqueza, com muito cereal e muito vinho.

29 Que as nações te sirvam e os povos se curvem diante de ti! Sê tu senhor dos teus irmãos; que se prostrem diante de ti os

"Ndincedwe nguNdikhoyo uThixo wakho, wayizisa ngqo kum."

21Uthe ke uIsake kuYakobi: "Khawusondele ke, mfo wam, ndikuve ngesandla ukuba unguye na unyana wam uEsawu."

22UYakobi ke wasondela kuyise owamphampathayo ngezandla esithi: "Ilizwi lona lelikaYakobi, kodwa izandla zezikaEsawu."

23Akazange amqonde uYakobi, kuba kaloku izandla zazixhonti njengezikaEsawu. Uthe seleza kumsikelela,

24wabuya wabuza wathi: "Ngaba ngenene ungunyana wam uEsawu?" Waphendula uYakobi esithi: "Ndinguye."

25Uthe ke uIsake: "Zis' apha ke inyama leyo ndikhe nditye, mfo wam. Ndakuthi ke ndakugqiba ukutya, ndikusikelele." Wamnika ke uYakobi, wamphathela newayini yokuthoba.

26Uthe ke uyise: "Khawusondele kaloku undange, mfo wam."

27Esasondela ukuya kumanga uIsake, waliva ivumba leempahla ezazinxitywe nguYakobi, watyibela ngentsikelelo esithi: "Ngxatsho ke ivumba lonyana wam! Linjengevumba lomhlaba ogalelwe iintsikelelelo nguNdikhoyo.

28Wanga ke uThixo angakugalela ngombethe, nomhlaba wakho uchume ube linqatha, uvelise nentabalala yengqolowa newayini.

29Unga ungabuswa zizizwe, neentlanga zikhahlele kuwe. Yiba yinkosi kubantakwenu, ukhonzwe nangabantwana

filhos de tua mãe! Maldito seja quem te amaldiçoar! Bendito seja quem te abençoar!”

Esaú traz ao seu pai o guisado e descobre que Jacó já tomou a bênção

30 Assim que Isaque terminou de impetrar sua bênção sobre Jacó, logo após este ter deixado a presença do pai, chega seu irmão Esaú, da caçada.

31 Também ele preparou um bom prato e o trouxe a seu pai. Então, ao chegar, anunciou: “Levanta-te, meu pai, e come da caça de teu filho, a fim de que tua alma me abençoe!”

32 Seu pai Isaque lhe perguntou: “Quem és tu?” Ao que ele prontamente respondeu: “Sou teu filho mais velho, Esaú!”

33 Então Isaque estremeceu com grande emoção e indagou: “Quem é, pois, aquele que preparou a caça e a trouxe para mim? Confiando, eu acabei de comê-la antes que tu viesses e impetrei-lhe minha bênção; e abençoado ele será!”

34 Ao ouvir tais palavras de seu pai, Esaú gritou com muita força e grande amargura e suplicou a seu pai: “Abençoa-me de igual modo, meu pai!”

35 Mas este lhe respondeu: “Teu irmão veio com astúcia e tomou a tua bênção!”

36 Esaú acrescentou: “Com razão se chama Jacó: foi a segunda vez que me enganou. Ele tomou o meu direito de primogenitura e eis que agora tomou também minha bênção!” Então, inquiriu de seu pai: “Não reservaste nenhuma bênção para mim?”

bakanyoko. Mabaqalekiswe abo bakuqalekisayo, basikelelwe abo bakusikelelayo.”

UEsawu uzicelela eyakhe intsikelelo

30UIsake wayesandul' ukusikelela uYakobi, naye esandul' ukusuka kuyise, wagaleleka uEsawu, evela kuzingela.

31Wapheka ukutya okumnandi, naye wakusa kuyise, wathi: “Vuka, tata, utye. Nantsi inyama endikuphathele yona. Uze undisikelele.”

32“Ungubani wena?” watsho uIsake. “Ndingunyana wakho omkhulu, uEsawu,” utshilo.

33Wothuka wagubha uIsake. Ubuze wathi: “Ngubani ke lo ubeye kuzingela wandiphathela inyama, ndayitya? Ndisandul' ukugqiba ukuyitya ngaphambi kokuba ungene. Ndiziphelelisele kuye iintsikelelo, kunjalonje ziya kuhlala zizezakhe.”

34Akuyiva loo nto uEsawu, wakhala kabuhlungu, wathi: “Ndisikelele nam, tata!”

35Wathi uIsake: “Umninawa wakho undikhohlisile, wemka nazo iintsikelelo zakho.”

36Uthe uEsawu: “Sekukokwesibini eyenza le nto yokundidla izithende. Yiyo le nto negama lakhe linguYakobi. Kokwesibini ngoku endikhohlisa. Wathatha ilungelo lam lobuzibulo. Ngoku uthatha iintsikelelo zam. Tata, akundigcinelanga ntsikelelo konke na?”

[37] Ao que Isaque, tomando a palavra, informou a Esaú: “Eu o estabeleci teu senhor, dei-lhe todos os teus irmãos como servos e o provi de mantimento, de trigo e de vinho. Que poderia eu fazer por ti, meu filho?”

[38] Esaú disse a seu pai: “É, pois, tua única bênção, meu pai? Abençoa-me também, meu pai!” Isaque ficou silencioso e Esaú se pôs a chorar.

[39] Então seu pai Isaque tomou a palavra e proferiu: “Longe das gorduras da terra será tua morada, longe do orvalho que cai do céu.

[40] Tu viverás de tua espada, servirás a teu irmão. Contudo, quando te libertares, sacudirás seu jugo de tua cerviz!”

[41] Depois disso passou Esaú a odiar a seu irmão Jacó, por causa da bênção que seu pai lhe determinara, e prometeu a si mesmo: “Estão próximos os dias de luto de meu pai. Então matarei meu irmão Jacó!”

[42] Quando foram relatadas a Rebeca as palavras de Esaú, seu filho mais velho, ela chamou Jacó, seu filho mais novo, e orientou-o: “Teu irmão Esaú quer vingar-se de ti, matando-te!

[43] Agora, meu filho, ouve-me: parte, foge para junto de meu irmão Labão, em Harã.

[44] Habitarás com ele algum tempo, até que passe o furor de teu irmão,

[45] até que o furor de teu irmão se desvie de ti e esqueça o que lhe fizeste; então te

[37]Uthe ke uIsake: “Sendimenze inkosi yakho, nezizalwane zakhe zaba zizicaka zakhe. Ndithe uya kuphila ngengqolowa newayini. Yintoni ke ngoko enokuba isasalele wena, mfo wam?”

[38]Uthe uEsawu: “Tata, kuphela kwentsikelelo obunayo leyo? Akusekho yimbi? Tata, nam ndisikelele!” Watsho ekhala uEsawu.

[39]Wahlabeka uyise, wenjenje: “Wena uya kuba kude lee nenqatha lokuchuma komhlaba; uya kuba kude lee kumbethe ovuza ezulwini.

[40]Uya kuphila ngekrele uphantsi komninawa wakho; kambe ke liya kufika ithuba apho uya kudinwa khona, uyaphule loo dyokhwe yakhe isentanyeni yakho.”

UYakobi ubalekela kwaLabhan

[41]UEsawu wamzonda uYakobi ngenxa yeentsikelelo awazifumana kuyise. Wadumzela wathi: “Iya kuze ifike yona imini yokuba angabikho utata; ndakuze ndimbulale uYakobi lo.”

[42]Akuyixelelwa into ethethwe nguEsawu, uRabheka wabiza uYakobi, wathi kuye: “UEsawu ufuna ukukubulala.

[43]Ke, nyana wam, uze wenze le nto ndiza kukuxelela yona. Zimela, ubalekele kumnakwethu uLabhan eHaran.

[44]Uze uhlale khona ude udambe umsindo womkhuluwa wakho,

[45]ayilibale nento omenze yona. Ndothumela ukuba uphuthunywe. Andinakuyithwala into

mandarei buscar. Por que vos perderia aos dois, num só dia?”

[46] Então Rebeca se queixou a Isaque: “Estou desgostosa da vida, por causa dessas mulheres hititas. Se Jacó escolher esposa entre as mulheres desta terra, entre as jovens hititas como essas, perderei completamente a razão de viver!”

Gênesis 28

Isaque manda Jacó a Padã-Arã

[1] Então Isaque chamou Jacó à sua presença e o abençoou. E lhe deu a seguinte ordem: “Não tomes esposa entre as filhas de Canaã .

[2] Levanta-te, vai a Padã-Arã, à casa de Betuel, teu avô materno, e casa-te com uma das filhas de Labão, irmão de tua mãe!

[3] Que El-Shaddai, o Deus Todo-Poderoso, te abençoe, que Ele te faça frutificar e multiplicar, a fim de que te tornes uma grande comunidade de povos!

[4] Que Ele te conceda, bem como à tua descendência, a bênção de Abraão, a fim de que possuas a terra em que vives e que Deus deu a Abraão!”

[5] Assim, despediu Isaque a Jacó, que se foi a Padã-Arã, à casa de Labão, filho de Betuel, o arameu, irmão de Rebeca, mãe de Jacó e Esaú.

[6] Esaú percebeu que Isaque tinha abençoado Jacó e o havia enviado a Padã-Arã para escolher ali uma esposa e que, ao abençoá-lo, dera-lhe também a orientação de não se casar com mulher cananeia.

yokulahlekelwa nini nobabini noyihlo ngaxesha-nye.”

[46]Uthe uRabheka kuIsake: “Ndidiniwe mna ngoku ngaba bafazi bakaEsawu. Ukuba uYakobi angathatha intombi yomHeti, ayenze umfazi, ndingakhetha ukufa kube kanye.”

Eyeziqalo 28

[1]UIsake wabiza uYakobi, wamsikelela, wathi kuye: “Uze ungathathi nanye kwezi ntombi zaseKanana.

[2]Hamba uye kulonyoko ePadan-aram,kwaBhetuweli, uzithathele umfazi apho phakathi kweentombi zikanyokolume uLabhan.

[3]Wanga uThixo uSomandla angakusikelela, akunike inzala, yande, ibe zizizwe ezininzi.

[4]Wanga uThixo angawagqithisela kuwe nakwinzala yakho amathamsanqa ka-Abraham,niwume loo mhlaba uThixo wayemise kuwo uAbraham kuqala.”

[5]Wenjenjalo ke uIsake ukundulula uYakobi, emthumela ePadan-aram kuLabhan unyana kaBhetuweli umAram. Lo Labhan ngumnakwabo-Rabheka unina kaYakobi noEsawu.

UEsawu uthatha omnye umfazi

[6]UEsawu weva ukuba uYakobi usikelelwe wathunyelwa ePadan-aram, ukuba aye kufuna umfazi. Weva nokuba xa wayesikelelwa wayalelwa ukuba angaze athathe umfazi eKanana.

[7] E Jacó obedecera a seu pai e sua mãe e partira para Padã-Arã .

[8] Esaú soube que as filhas de Canaã eram malvistas por seu pai Isaque.

[9] Foi Esaú à casa de Ismael e tomou como mulher, além das que já possuía, Mahalat bat Ismael, Maalate, filha de Ismael, neta de Abrão, e irmã de Nebaiot.

A visão da escada de Jacó

[10] Jacó partiu de Berseba e rumou para Harã.

[11] Chegando a determinado lugar, parou para pernoitar, porquanto o sol já se havia posto no horizonte. Tomando uma das pedras dali, usou-a como travesseiro e deitou-se.

[12] E teve um sonho no qual viu uma escada apoiada na terra; seu topo alcançava os céus, e os anjos de Deus subiam e desciam por ela.

[13] Eis que o SENHOR estava de pé diante dele e lhe anunciou: "Eu Sou Yahweh, o Deus de Abraão, teu pai, e o Deus de Isaque. A terra sobre a qual dormiste, Eu a dou a ti e à tua descendência!

[14] Tua posteridade se tornará numerosa como a poeira do solo; tu te estenderás para o Ocidente e o Oriente, para o Norte e para o Sul, e todos os clãs da terra serão abençoados por teu intermédio e por tua descendência!

[15] Eu estou contigo e te guardarei em todo lugar aonde fores, e te reconduzirei a esta terra, porque não te deixarei enquanto não cumprir Eu tudo o que te prometi!"

[7]Weva nokuba uYakobi wamthobela uyise nonina, waya ePadan-aram.

[8]Waqonda ke uEsawu ukuba uyise wayengazithandi iintombi zaseKanana.

[9]Waya kwaIshmayeli ke, unyana ka-Abraham, wathatha intombi yakhe uMahalati, udade boNebhayoti.

Iphupha likaYakobi eBhetele

[10]Wenjenjeya ukusuka eBheshebha uYakobi, esinga eHaran.

[11]Wafika ndaweni ithile, walalisa apho, kuba laliselitshonile ilanga. Uthathe ilitye, waqamela ngalo, walala.

[12]Waphupha ngathi ubona ileli esuka emhlabeni, yaya kuthi xhaxhe ngesibhakabhaka. Izithunywa zikaThixo zazisihla zinyuka ngayo.

[13]Wabona uNdikhoyo emi ngakuye esithi: "NdinguNdikhoyo, uThixo kayihlo-mkhulu uAbraham noyihlo uIsake. Lo mhlaba ulele kuwo uya kumiwa nguwe nayinzala yakho.

[14]Inzala yakho iya kuba ngangentlabathi ubuninzi bayo. Yaye iya kuxanda, inabe kumacala onke. Zonke izizwe ziya kuthamsanqeliswa ngenxa yakho nenzala yakho.

[15]Ndiza kusoloko ndinawe, ndikukhusele naphi na apho uya khona, ndibuyе ndikubuyisele kwakule ndawo. Andiyi kukushiya ndide ndizenze zonke izinto endizithembisileyo."

[16] Jacó acordou de seu sono e fez o seguinte comentário: "Na verdade o SENHOR está neste lugar e eu não sabia!"

[17] Então sentiu medo e exclamou: "Quão temível é este lugar! Certamente não é outro, senão bêt El, a casa de Deus; eis que encontrei a porta dos céus!"

A coluna de Betel

[18] Levantando-se antes do raiar do sol, tomou a pedra que lhe servira de travesseiro, colocou-a em pé como um pilar e derramou óleo puro sobre seu topo.

[19] A esse lugar deu o nome de bêt El, Betel, casa de Deus, embora a cidade anteriormente se chamasse Luz.

[20] Então, em Betel, Jacó fez o seguinte voto: "Se Deus estiver comigo e me guardar no caminho por onde eu andar, cuidar de mim, provendo-me pão para comer e roupas para vestir,

[21] se eu voltar são e salvo para a casa de meu pai, então Yahweh será o meu Deus!

[22] E esta pedra que hoje coloquei como coluna servirá de santuário de Deus; e de tudo o que me deres certamente te devolverei a décima parte como oferta de louvor!"

Gênesis 29

Jacó chega ao poço de Harã

[1] Então Jacó se pôs a caminho e chegou à terra dos filhos do Oriente, à Mesopotâmia.

[2] Certo dia, observando ao redor, avistou um poço no campo e três rebanhos de ovelhas deitadas por perto: era nesse poço tapado com uma grande pedra, que se costumava dar de beber aos rebanhos.

[16]Akuphaphama uYakobi, wathi: "Ngenene uNdikhoyo ukho kule ndawo; ndibe bendingayazi loo nto."

[17]Wangenwa luvalo kwaoko, wathi: "Hayi ukoyikeka kwayo le ndawo! Yindlu kaThixo le! Lisango lezulu eli!"

[5]Weva uYakobi ukuba intombi yakhe yonakele. Kodwa ngenxa yokuba babengekho oonyana bakhe,

nos campos com seus rebanhos, decidiu aguardar em silêncio até que voltassem.

6 Então Hamor, pai de Siquém, foi conversar com Jacó.

7 Quando os filhos de Jacó regressaram dos campos e ouvindo tudo o que ocorrera, indignaram-se e muito se iraram, porquanto Siquém havia praticado um ato de extrema vergonha contra Israel, desonrando a filha de Jacó – atitude absolutamente ultrajante.

8 Contudo, Hamor lhes ponderou desta maneira: “Meu filho Siquém enamorou-se de vossa filha, peço-vos que lha deis como esposa a ele.

9 Aliai-vos a nós: vós dareis vossas filhas a nós e tomareis as nossas para vós.

10 Ficareis conosco e toda esta terra estará a vosso dispor: podereis nela habitar, circular livremente e nela vos estabelecer com suas propriedades!”

11 Então, Siquém tomou a palavra e rogou ao pai e aos irmãos de Diná: “Que eu encontre graça aos vossos olhos, e darei o que me pedirdes!

12 Podeis impor uma elevada quantia, como preço e como dote: eu pagarei tanto quanto pedirdes, mas dai-me esta jovem como esposa!”

13 Os filhos de Jacó, entretanto, por vingança, responderam de maneira mentirosa a Siquém e a seu pai Hamor, porquanto Siquém havia desonrado Diná, a irmã deles.

besemadlelweni, akazange enze nto kwada kwabuya bona.

6Uyise kaShekem uHamore waya kuthetha noYakobi.

7Kwakuxa kanye babuyayo emadlelweni oonyana bakaYakobi. Bothuka, bakhathazeka kakhulu bakuyiva into embi kangaka eyenziwe nguShekem yokunyelisa amaSirayeli ngokulala nentombi kaYakobi, nto leyo ingenziwayo kwaSirayeli.

8UHamore wenjenje ebhekisa kuYakobi: “Unyana wam uShekem uyayithanda le ntombi yakho. Ndiyakucela ke, mvumele ayithathe.

9Masivane thina kwinto yokuba abantu bethu bendiselane.

10Nawe ke ungema naphi na kulo mhlaba wakowethu, urhwebe nokurhweba kangangoko uthanda, ufuye nempahla.”

11Uthe ke yena uShekem kuYakobi noonyana bakhe: “Ndikhululeleni le ntombi. Ndiya kuhlawula nantoni na eniyifunayo.

12Ndixeleleni ikhazi emandilikhuphe, libe likhulu kangangoko nifuna; nixele namabhaso eniwafunayo, ndininike. Nantoni na eniyifunayo ndingayikhupha, ukuba nje niyavuma ndimthathe uDayina.”

13Ngenxa yokuba uShekem wayeselemhlazisile udade wabo uDayina, oonyana bakaYakobi babaphendula ngelibaqhathayo ooShekem noyise uHamore,

[14] Então, eles alegaram: "Não podemos dar semelhante consentimento: entregar nossa irmã a um homem incircunciso, porque entre nós isso seria uma grande desonra.

[15] Não vos daremos nossa permissão senão com uma condição: deveis tornar-vos como nós e circuncidar a todos os vossos machos!

[16] Sendo assim vos daremos nossas filhas e tomaremos as vossas para nós, permaneceremos convosco e formaremos um só povo.

[17] Porém, se não nos ouvirdes, acerca da circuncisão, tomaremos nossa filha e partiremos!"

[18] Contudo, suas palavras agradaram a Hamor e a Siquém, filho de Hamor.

[19] O jovem não demorou em fazer tudo de acordo com o que fora orientado, pois estava apaixonado pela filha de Jacó; ora, ele era o mais considerado de toda a família.

[20] Hamor e seu filho Siquém foram à porta de sua cidade e anunciaram assim aos homens de sua cidade:

[21] "Estes homens estão bem intencionados: que permaneçam conosco na terra, nela andem e comercializem livremente; toda a nossa terra está, portanto, aberta para essas pessoas; tomaremos suas filhas como esposas e lhes daremos nossas filhas.

[22] Todavia, esses homens não consentirão em ficar conosco a fim de formarmos um só povo senão com uma condição: é que todos os machos devem ser circuncidados como eles próprios o são!

[14]benjenje: "Asinakumendisela kumntu ongalukanga udade wethu. Into enjalo ingalihlazo.

[15]Singavuma xa nina, kunye nawo onke amadoda alapha, nisaluka, nifane nathi.

[16]Nolwendiselwano olu nina nithetha ngalo singalwamkela phantsi kwaloo mqathango kuphela, sihlale phakathi kwenu, sibe ngabantu abanye.

[17]Kodwa ke ukuba anivumelani nathi ngale ndawo, siya kumthatha udade wethu, sifuduke apha."

[18]Yavakala ilungile imihle le miqathango kuHamore nakunyana wakhe uShekem.

[19]UShekem akapholisanga maseko, ngenxa yokuba wayemthanda uDayina intombi kaYakobi. UShekem wayexatyiswe kakhulu kowabo.

[20]UHamore noShekem babizela amawabo embizweni ngasesangweni ledolophu, babhekisa kuwo benjenje:

[21]"Abaya bantu ngabahlobo bethu. Masibavumele bahlale bazive besekhaya apha kowethu. Mkhulu lo mhlaba; ungasanela sonke. Singendiselana nokwendiselana nabo.

[22]Kodwa abaya bantu bathi bohlala phakathi kwethu, sibe ngabantu abanye, ngaphantsi komqathango omnye: lo wokuba onke amadoda aluke, afane nabo.

[23] Compreendei que todos os seus rebanhos, todos os seus outros animais e todos os seus bens passarão a ser nossos! Consintamos, pois, a fim de que permaneçam conosco".

[23]Anithi ke izinto zabo nemfuyo yabo yonke ayingebi yeyethu xa kunjalo? Masivumelane ke nabo, bahlale nathi."

[24] Hamor e seu filho Siquém foram atendidos por toda a população que os ouvia à porta de sua cidade, e todos os machos se fizeram circuncidar.

[24]Laba linye kumntu wonke kubemi baloo dolophu, aza onke amadoda aluka.

A traição de Simeão e Levi

[25] Ora, no terceiro dia, quando eles convalesciam do ato da circuncisão, dois filhos de Jacó, Simeão e Levi, irmãos de Diná, tomaram cada qual a sua espada e seus homens e atacaram a cidade desprevenida, matando todos os homens.

[25]Emva kweentsuku ezintathu, xa kanye onke amadoda aqhanile ziintlungu, oonyana ababini bakaYakobi, abanakwabo-Dayina, uSimon noLevi, bathatha amakrele abo, bangena esixekweni, bengarhanelwa bani, bafika bawabulala onke amadoda

[26] Mataram ao fio da espada Hamor e seu filho Siquém, tiraram Diná da casa de Siquém e partiram.

[26]kunye noHamore noShekem. Baya kuthatha uDayina kwaShekem, bemka naye.

[27] Chegaram, então, os outros filhos de Jacó e, passando pelos corpos, saquearam toda a cidade, pois ali sua irmã havia sido desonrada.

[27]Emva koko abanye oonyana bakaYakobi bangena edolophini, bayiphanga, bekhupha isixhiba ngenxa yokunyeliswa kodade wabo.

[28] Apoderaram-se das ovelhas, dos bois e dos jumentos, e de tudo o que havia de valor na cidade e no campo.

[28]Bemka neegusha, neenkomo, needonki, babutha konke esixekweni nasemadlelweni.

[29] Levaram as mulheres e as crianças, e saquearam todos os bens e tudo o que havia nas casas.

[29]Yonke into enexabiso bahamba nayo, bathatha bonke abafazi nabantwana kunye nempahla yezindlu.

[30] Então, Jacó repreendeu a Simeão e Levi: "Vós me arruinastes, tornando-me odioso diante de todos os povos desta região: os cananeus e os ferezeus. Somos poucos e, se eles reunirem suas forças e nos atacarem, eu e a minha família seremos exterminados!"

[30]UYakobi wathi kuSimon noLevi: "Nina nindibangela ingxwaba-ngxwaba ngale nto. Ngoku ndiza kucatshukelwa ngabantu bonke, amaKanana kunye namaPerezi. Andinamadoda maninzi mna. Ukuba bona banokudibana bandihlasele ungatshabalala wonke umzi wam."

[31] Entretanto, eles replicaram: "É certo, então, que alguém trate nossa irmã como uma prostituta qualquer?"

Gênesis 35

Deus manda Jacó a Betel a levantar um altar

[1] Eis que Deus falou a Jacó: "Levanta-te! Sobe a Betel e habita ali. Em Betel erguerás um altar ao Deus que te apareceu quando fugias da presença de teu irmão Esaú".

[2] Jacó ordenou à sua família e a todos que estavam com ele: "Lançai fora todos os deuses estrangeiros que estão no meio de vós, purificai-vos e mudai vossas roupas.
[3] Partamos e subamos a bêt El, Betel, casa de Deus! Aí farei um altar ao Deus que me ouviu quando eu estava em profunda angústia e me socorreu na viagem que fiz".
[4] Então, o povo entregou a Jacó todas as imagens dos deuses estrangeiros que possuíam e os amuletos que usavam nas orelhas como brincos, e Jacó os enterrou ao pé do grande carvalho sagrado que fica perto de Siquém.
[5] Eles levantaram acampamento e, enquanto partiam, Deus fez se abater sobre os moradores de todas as cidades vizinhas um medo terrível: por isso, eles não se atreveram a perseguir Jacó e sua caravana.
[6] Assim, Jacó e todos que com ele estavam chegaram a Luz, cidade que também ficou conhecida pelo nome de Betel e que se situa na terra de Canaã.
[7] Lá Jacó construiu um altar e colocou o nome no lugar de El bêt El, O Deus de Betel, porque ali Deus havia se revelado a ele,

[31]Bamphendula ngelithi: "Besingenakuyeka udadethu aphathwe njengehenyukazi."

Eyeziqalo 35

UYakobi usikelelwa nguThixo eBhetele

[1]Wathi uThixo kuYakobi: "Hamba ngoku uye kuhlala eBhetele. Uze ufike undenzele iqonga lamadini apho. Mna ndingulaa Thixo wavela kuwe xeshikweni wawubaleka umkhuluwa wakho uEsawu."
[2]UYakobi ke wayalela intsapho nezicaka zakhe wathi: "Yahlukanani noothixo basemzini abaphakathi kwenu, nihlambuluke, ninxibe mpahla zimbi.
[3]Siza kumka apha, sifudukele eBhetele, apho ndiya kumisa khona iqonga lamadini loThixo owandikhulula engxakini nobesoloko enam naphi na apho ndikhoyo."

[4]Bazikhupha ke izithixo zasemzini, bazinika uYakobi kunye naloo macici babewafakile. Ezo zinto wazimbela ngaphantsi komthi wom-oki ongakwidolophu yaseShekem.

[5]Ukumka kukaYakobi noonyana bakhe, abantu beedolophu ezikufuphi baba noloyiko olukhulu, ababasukela.

[6]Waya kugaleleka eBhetele eKanana uYakobi nentsapho yakhe yonke. IBhetele ke yayaziwa ngokuba yiLuzi.

[7]Wamisa iqonga lamadini apho uYakobi, wayithiya loo ndawo ngoThixo waseBhetele. Kaloku kulapho uThixo wazibonakalisayo

quando estava fugindo com medo de seu irmão.

A morte de Débora

8 Então, morreu Débora, a ama de Rebeca, e foi sepultada abaixo de Betel, sob o carvalho sagrado que fica ao sul de Betel, que passou a ser chamado de Alom-Bacute, Carvalho das Lágrimas.

9 Deus apareceu ainda a Jacó, quando este regressava de Padã-Arã, e o abençoou.

10 Então, Deus lhe declarou: “Teu nome é Jacó, mas não te chamarás mais Jacó: teu nome doravante será Israel!” Tanto que é chamado de Israel até hoje.

11 Deus afirmou a Jacó: “Eu Sou El-Shaddai, o Deus Todo-Poderoso. Sê fecundo e multiplica-te! Uma nação, uma assembl de nações, nascerá de ti e reis estarão entre os teus incontáveis descendentes.

12 Eu te dou a terra que dei a Abraão e a Isaque; darei toda esta região a ti e à tua posteridade depois de ti!”

13 E quando terminou de profetizar, Deus elevou-se do lugar onde estivera falando com Jacó.

14 Então, Jacó escolheu uma pedra e a colocou como coluna no lugar em que Deus lhe falara, e derramou vinho e azeite sobre ela como uma oferta de libação.

15 E passou a chamar de Betel o lugar onde Deus tinha falado com ele.

O nascimento de Benjamim e a morte de Raquel

16 Jacó e sua família partiram de Betel; e quando faltava uma pequena distância para chegar a Efrata, Raquel começou a dar à

kuYakobi xa wayebaleka umkhuluwa wakhe.

8UDibhora impelesi kaRakeli, wabhubhela khona apho, wafihlelwa phantsi komthi wom-oki owawusezantsi kweBhetele. Kwathiwa ke loo ndawo nguM-oki weeNyembezi.

9UThixo wabuya wavela kuYakobi ukubuya kwakhe ePadan-aram,wabuya wamthamsanqelisa.

10Wenjenje ukuthetha uThixo: “Kuthiwa igama lakho unguYakobi, kodwa ukususela ngoku kuya kuthiwa unguSirayeli.” Kwaba ke njalo uThixo umthiya igama elinguSirayeli.

11Wabuya wathi uThixo: “Mna ndinguThixo uSomandla. Ndithi chuma wande. Uya kuba nguyise wesizwe – nditsho izizwe ngezizwe – ube ngukhokho weekumkani.

12Umhlaba endawunika uAbraham noIsake ndiwunika wena kunye nabazukulwana bakho emva kwakho.”

13UThixo wamshiya ke apho akugqiba ukuthetha naye.

14Apho kanye kuloo ndawo uThixo wayethetha kuyo noYakobi, wemisa ilitye uYakobi, walinikela kuThixo ngokuligalela iwayini namafutha.

15Loo ndawo wathi yiBhetele.

Ukubhubha kukaRakeli

16Wafuduka uYakobi nentsapho yakhe eBhetele. Kwathi xa babekude kufuphi ne-Efrata, kwabonakala ukuba lifikile ixesha

luz, em meio a dores além do normal. E o parto foi muito difícil.

17 E, enquanto padecia, tentando dar à luz, a parteira a encorajou: “Não temas, um filho saudável terás!”

18 No momento em que estava prestes a deixar esta vida, porque estava morrendo, deu a seu filho o nome de Benoni, filho da minha aflição. Entretanto, Jacó o chamou de Benjamim, filho próspero.

19 Assim, morreu Raquel e foi sepultada no caminho de Efrata, que em nossos dias se chama Belém.

20 Jacó erigiu uma estela sobre seu túmulo; é o conhecido marco do túmulo de Raquel, que existe até hoje.

21 Depois Israel partiu dali e armou seu acampamento adiante de Migdal-Éder, a torre de vigia do rebanho.

22 No tempo em que Israel habitava naquela região, Rúben teve relações sexuais com Bila, concubina de seu pai. Assim que Israel soube disso, ficou muito irado. Ora, os filhos de Jacó foram em número de doze.

23 Os filhos com Lia: Rúben, o primogênito de Jacó, depois Simeão, Levi, Judá, Issacar e Zebulom.

24 Os filhos com Raquel: José e Benjamim.

25 Os filhos com Bila, a serva de Raquel: Dã e Naftali.

26 Os filhos com Zilpa, a serva de Lia: Gade e Aser. Estes, portanto, foram os filhos de Jacó, nascidos em Padã-Arã.

lokuba uRakeli abeleke. Kwaba nzima kakhulu.

17Kwathi egcuma ziintlungu, wavakala esithi umbelekisi wakhe: “Uzungoyiki, Rakeli, uzele enye inkwenkwe.”

18Ngelo xesha ke uRakeli wayeseleqhawuka. Uthe kanye xa uphumayo umphefumlo wathi igama laloo mntwana nguBhenoni. Uyise yena wathi nguBhenjamin.

19Waza ke uRakeli wafa, wangcwatywa ecaleni kwendlela eya e-Efrata, ekuthiwa yiBhetelehem.

20Wemisa ilitye lesikhumbuzo apho uYakobi. Liselapho; nangoku lisaqondisa ingcwaba likaRakeli.

21Wahambela mganyana uYakobi, wafika wemisa malunga neMigdali-edere.

Oonyana bakaYakobi

(1 Gan 2:1-2)

22Ngethuba wayesekuloo mmandla uSirayeli, uRubhen walala noBhiliya, elinye lamaqadi abafazi bakayise uSirayeli. Wayiva loo nto uSirayeli. UYakobi wayenoonyana abalishumi elinambini.

23Oonyana abazalwa nguLeya yayinguRubhen, izibulo likaYakobi, noSimon, noLevi, noJuda; uIsakare noZebhulon.

24Oonyana abazalwa nguRakeli yayinguJosefu noBhenjamin.

25Oonyana bempelesi kaRakeli uBhiliya yayinguDan noNafetali.

26Oonyana bempelesi kaLeya uZilipha yayinguGadi noAshere. Aba nyana bazalelwa ePadan-aram.

Ukubhubha kukaIsake

[27] Mais tarde Jacó foi morar junto a seu pai Isaque, em Manre, próximo de Quiriate-Arba, também chamada de Hebrom, onde Abraão e Isaque tinham morado.

[28] Isaque viveu cento e oitenta anos,

[29] e expirou. Ele morreu e reuniu-se à sua parentela no mundo dos mortos, idoso e farto de dias; seus filhos Esaú e Jacó cuidaram de seu sepultamento.

Gênesis 36

Os descendentes de Esaú

[1] Esta é a história da família de Esaú, também chamado de Edom.

[2] Esaú tomou suas mulheres entre as filhas de Canaã: Ada, filha de Elom, o hitita; Oolibama, filha de Aná e neta de Zibeão, o heveu.

[3] E, da mesma forma, Basemate, filha de Ismael e irmã de Nebaiote.

[4] Ada gerou, para Esaú, Elifaz; Basemate gerou Reuel,

[5] Oolibama gerou Jeús, Jalão e Corá. Esses, portanto, foram os filhos de Esaú que lhe nasceram em Canaã.

[6] Esaú tomou suas mulheres, seus filhos e suas filhas, todas as pessoas de sua casa, seus rebanhos, todos os outros animais e todos os bens que havia conquistado em Canaã, e partiu para outras terras, para longe do seu irmão Jacó.

[7] Os bens que ambos haviam acumulado eram tantos que já não podiam morar próximos, porquanto as terras em que habitavam não conseguiam produzir o

[27]UYakobi waya kuyise eMamre kufuphi neHebron, ekwakusithiwa yiKiriyati-arbha, apho babemi khona ooAbraham noIsake.

[28]UIsake uhleli iminyaka elikhulu linamashumi asibhozo.

[29]Ubhubhe seleyinkothovu yexhego, wangcwatywa ngoonyana bakhe uEsawu noYakobi.

Eyeziqalo 36

Inzala kaEsawu

(1 Gan 1:34-37)

[1]Nanga amagqabantshintshi ngoEsawu okwanguEdom.

[2]UEsawu watshata iintombi zaseKanana. Wathatha uAda, intombi kaElon umHiti, noHolibhama intombi ka-Ana unyana kaZibheyon, umHivi,

[3]kunye noBhasemati, intombi kaIshmayeli, engudade boNebhayoti.

[4]UAda wazala uElifazi, uBhasemati wazala uRuweli,

[5]waza uHolibhama wazala uJewushe noJalam kunye noKora. Bonke aba nyana bakaEsawu bazalelwa eKanana.

[6]UEsawu wathatha abafazi bakhe, noonyana bakhe, iintombi zakhe, nabo bonke abantu bakhe, kunye nemfuyo yakhe, nayo yonke impahla awayifumana kwilizwe laseKanana, wemka wamshiya umntakwabo uYakobi.

[7]Unobangela wokuba emke kukuba lo mhlaba wawungasabaneli; imfuyo yabo yayiselininzi kakhulu.

suficiente para sustentar todas as pessoas e seus muitos rebanhos.

8 Por esse motivo, Esaú, também chamado de Edom, estabeleceu-se nos montes de Seir.

9 Este é o registro da descendência de Esaú, pai dos edomitas, nos montes de Seir.

10 Eis, portanto, os nomes dos filhos de Esaú: Elifaz, filho de Ada, esposa de Esaú; e Reuel, filho de Basemate, esposa de Esaú.

11 Os filhos de Elifaz foram: Temã, Omar, Zefô, Gaetã e Quenaz.

12 Elifaz, filho de Esaú, tinha uma concubina chamada Timna, que lhe deu um filho chamado Amaleque. Foram esses os netos de Ada, esposa de Esaú.

13 Eis os filhos de Reuel: Naate, Zerá, Samá e Mizá. Foram esses os netos de Basemate, esposa de Esaú.

14 Eis os filhos de Oolibama, esposa de Esaú, filha de Aná e neta de Zibeão, os quais ela deu a Esaú: Jeús, Jalão e Corá.

15 Eis os chefes dentre os descendentes de Esaú: os filhos de Elifaz, primogênito de Esaú: Temã, Omar, Zefô, Quenaz,

16 Corá, Gaetã e Amaleque. Foram esses os chefes que descenderam de Elifaz na terra de Edom; eram, pois, netos de Ada.

17 E eis os filhos de Reuel, filho de Esaú: os chefes Naate, Zerá, Samá e Mizá. Foram esses os chefes descendentes de Reuel em Edom; netos de Basemate, esposa de Esaú.

18 E eis os filhos de Aolibama, esposa de Esaú: os chefes Jeús, Jalão e Corá. Foram esses os chefes descendentes de Aolibama, esposa de Esaú, filha de Aná.

8UEsawu ke waya kuma kweleentaba e-Edom.

9Nantsi inzala kaEsawu, ukhoko wamaEdom:

10-13Umka-Esawu, uAda, wazala unyana uElifazi. UElifazi yena wazala uTeman, no-Omare, uZefo, uGatam, noKenazi. Omnye umfazi kaElifazi, uTimna, wazala uAmaleki. UBhasemati, umka-Esawu, yena wazala uRuweli. Yena uRuweli wazala uNahati, uZera, uShama, kunye noMiza.

14Umka-Esawu onguHolibhama intombi ka-Ana lo ungunyana kaZibheyon, yena wazala uJewushe, uJalam, noKora.

15Nazi ke izizwe ezingumlibo kaEsawu: UElifazi izibulo likaEsawu, nguyise-mkhulu wezi zizwe zilandelayo: amaTema, amaOmare, amaZefo, amaKenazi,

16amaKora, amaGatam, nama-Amaleki. Bonke aba ngabomlibo ka-Ada umka-Esawu.

17URuweli, unyana kaEsawu, yena nguyise-mkhulu wezi zizwe: amaNahati, amaZera, amaShama, namaMiza. Bonke aba ngabomlibo kaBhasemati umka-Esawu.

18Ezi zizwe zilandelayo zingumlibo kaEsawu ngoHolibhama intombi ka-Ana: amaJewushe, amaJalam, namaKora.

[19] Esses foram os filhos de Esaú, que é Edom, e essas foram todas as tribos que dele descenderam.

[20] Eis os filhos de Seir, o horeu, que moravam na região, naquela época: Lotã, Sobal, Zibeão e Aná,
[21] Disom, Ézer e Disã. Esses descendentes de Seir foram chefes das tribos dos horeus no território de Edom.

[22] Lotã foi o pai dos grupos de famílias de Hori e Hemã. Timna era irmã de Lotã.

[23] Estes foram os filhos de Sobal: Alvã, Manaate, Ebal, Sefô e Onã.

[24] Eis os descendentes de Zibeão: Aiá e Aná. Foi este Aná que descobriu as fontes de águas quentes no deserto, quando apascentava os jumentos do rebanho de seu pai, Zibeão.
[25] Estes foram os filhos de Aná: Disom e Aolibama, a filha de Aná.
[26] Eis os filhos de Disom: Hendã, Esbã, Itrã e Querã.
[27] Estes foram os filhos de Ézer: Bilã, Zaavã e Acã.

[28] Eis os descendentes de Disã: Uz e Arã.

[29] Estes foram, portanto, os chefes das tribos dos horeus: Lotã, Sobal, Zibeão, Aná,
[30] Disom, Ézer e Disã. Estes foram os chefes dos horeus, conforme as divisões de seus clãs por toda a região de Seir.

[19]Zonke ezi zizwe yinzala kaEsawu.

Inzala kaSeyire
(1 Gan 1:38-42)

[20-21]Abemi bemveli belase-Edom yayizizizwe ezimlibo ulandwa ngaba bazukulwana bakaSeyire umHori: uLotan, uShobhali, uZibheyon, uAna, uDishon, uEzere, noDishan.

[22]ULotan wayengukhoko wamaHori namaHeman. ULotan wayenodade wabo uTimna.
[23]UShobhali wayengukhoko wama-Alvani, namaManahati, amaEbhali, amaShefo, namaOnam.

[24]UZibheyon wazala uAya noAna. Ngulo Ana lo wabhaqa imithombo yamanzi ashushu entlango esalusa iidonki zikayise.

[25-26]UAna wazala uDishon, lo ungukhokho wamaHemdan, amaEshbhan, amaItran, namaKeran. UAna wayekwanentombi egama linguHolibhama.
[27]UEzere wayengukhokho wamaBhilehan, amaZavan, nama-Akane.
[28]UDishan yena ungukhokho wamaUzi nama-Aran.

[29-30]Nazi izizwe zamaHori ezimi e-Edom: ngamaLotan, amaShobhali, amaZibheyon, ama-Ana, amaDishon, amaEzere, namaDishan.

Iikumkani zase-Edom
(1 Gan 1:43-54)

[31] Eis os reis que reinaram sobre as terras de Edom antes que houvesse a instituição de um rei para dirigir os israelitas:
[32] Belá, filho de Beor, reinou em Edom. Sua cidade era conhecida pelo nome de Dinabá.
[33] Quando Belá morreu, foi sucedido por Jobate, filho de Zerá, de Bozra.
[34] Joabe morreu, e Husã, da região dos temanitas, foi seu sucessor.
[35] Então, Husã morreu, e Hadade, filho de Bedade, que tinha vencido os midianitas na terra de Moabe, foi seu sucessor. Sua cidade era chamada Avite.
[36] Hadade morreu, e Samlá de Masreca foi seu sucessor.
[37] Samlá morreu, e Saul, de Reobote, nas proximidades do Eufrates, o Rio, reinou em seu lugar.
[38] Saul morreu, e Baal-Hanã, filho de Acbor, foi seu sucessor.
[39] Baal-Hanã, filho de Acbor, morreu, e Hadar governou em seu lugar. Sua cidade chamava-se Paú, e o nome de sua esposa era Meetabel, filha de Matrede, neta de Mezaabe.
[40] Eis os nomes dos chefes que descenderam de Esaú, segundo seus nomes, clãs e regiões onde viviam cada uma das tribos: Timna, Alva, Jetete,
[41] Aolibama, Ela, Pinom,
[42] Quenaz, Temã, Mibzar,
[43] Magdiel e Irã. Foram esses os chefes de Edom; cada um deles estabeleceu-se num território da terra que ocuparam. Esaú, portanto, é o progenitor dos edomitas.

Gênesis 37

José é vendido por seus irmãos

[31-39]Kwangaphambi kokuba zibekho iikumkani kwaSirayeli, ezi zilandelayo yayiziikumkani ezalawula kwaEdom, ngokulandelelana kwazo: uBhela unyana kaBhehore waseDinabha; uJobhabhi unyana kaZera waseBhozera; uHusham wakummandla wakwaTeman; uHadadi unyana kaBhedadi waseHaviti, owawachitha edabini amaMidiyan kwelamaMowabhi; uSamla waseMasereka; uShawule waseRehobhoti phezu komlambo iEfrati; uBhali-hanani unyana ka-Akibho; uHadadi wasePawu omkakhe wayenguMetabheli intombi kaMatredi nomzukulwana kaMezabhi.

[40-43]UEsawu wayengukhokho wezi zizwe zamaEdom: amaTimna, ama-Aleva, amaYetete, amaHolibhama, amaEla, amaPinon, amaKenazi, amaTeman, amaMibhezare, amaMagediyeli, namaIram. Ummandla wesizwe ngasinye wathiywa ngegama lentloko yeso sizwe.

Eyeziqalo 37

UJosefu nabakhuluwa bakhe

[1] Jacó habitou na terra de Canaã, onde seu pai, Isaque, tinha vivido como estrangeiro.
[2] Esta, portanto, é a história da família de Jacó; quando José, seu filho, tinha dezessete anos, pastoreava os rebanhos de ovelhas e cabras com seus irmãos. Cooperava com os filhos de Bila e os filhos de Zilpa, mulheres de seu pai. Entretanto, José compartilhava com seu pai sobre a má fama de seus irmãos.
[3] Israel amava mais a José do que a todos os seus outros filhos, porque ele era o filho da sua velhice, e mandou fazer-lhe uma túnica adornada.
[4] Seus irmãos perceberam que seu pai o amava mais do que a todos os seus outros filhos e odiaram-no, tornaram-se tão invejosos que não conseguiam mais lhe falar de maneira amigável.
[5] Ora, José teve um sonho e o contou a seus irmãos, que passaram a nutrir ainda mais raiva dele.
[6] José lhes havia dito: "Ouvi o sonho que tive!
[7] Pareceu-me que estávamos atando feixes nos campos, e eis que meu feixe se levantou e ficou em pé, e vossos feixes o rodearam e se prostraram diante do meu feixe".
[8] Seus irmãos lhe indagaram: "Queres acaso governar-nos como rei ou dominar-nos como senhor?" E eles o odiaram ainda mais, por causa de seus sonhos e de suas intenções.
[9] Depois José teve ainda um outro sonho, e o contou deste modo a seus irmãos: "Tive ainda outro sonho, desta vez o sol, a lua e onze estrelas se curvavam diante de mim!"

[1]UYakobi wayehlala eKanana, kwelo lizwe wayemi kulo uyise ngaphambili.
[2]Nanga amagqabantshintshi ngoYakobi. Akuba yinkwenkwe eneshumi linesixhenxe leminyaka ubudala, uJosefu wayedla ngokuhamba nabakhuluwa bakhe abangoonyana bakaBhiliya noZilipha, amaqadi kayise, baye kwalusa impahla. Wayedla ngokubaxela kuyise ngezinto ezingekho mgaqweni ababezenza.
[3]USirayeli wayemthanda ngaphezu kwabo bonke abantakwabo uJosefu, kuba yena wavela selaluphele uSirayeli. Wamenzela ingubo embeje-mbeje.
[4]Bathi abantakwabo bakuphawula ukuba uyise umthanda ukugqitha bona uJosefu, bamthiya kangangokude bangakwazi nokuthetha kakuhle naye.
[5]Ngabusuku buthile uJosefu waba nephupha, athe akulilawula kubakhuluwa bakhe, bamthiya ngakumbi.
[6]Wathi kubo: "Khanive ndinixelele iphupha lam.
[7]Ndiphuphe sisemasimini, sibopha izithungu zengqolowa. Suka esam isithungu sema nkqo, zaza ezenu zeza kusingqonga, zakhahlela kuso."
[8]Bathe abakhuluwa bakhe: "Ngaba uba uza kuba yikumkani, size thina silawulwe nguwe?" Loo nto yelo phupha yamenza wanetyheneba kubo, nangenxa yeentetho zakhe.
[9]Uphinde wanelinye iphupha uJosefu, wabuya wabalawulela abantakwabo, esithi: "Kweli iphupha ndibone ilanga, nenyanga,

neenkwenkwezi ezilishumi elinanye, zikhahlela kum."

10 Assim que narrou o sonho a seu pai e seus irmãos, o pai repreendeu-o com estas palavras: "Que sonho foi esse que tiveste? Iríamos todos então, eu, a mãe de teus irmãos e cada um deles, prostrar-nos, rosto em terra, diante da tua presença?"

10Ulilawule nakuyise eli phupha. Wamngxolisa uyise, esithi: "Suk' apha, phupha lini eli athi unyoko nabantakwenu kunye nam sikhahlele wena!"

11 No mesmo instante, seus irmãos arderam em ciúmes dele; seu pai, contudo, passou a refletir sobre o que ouvira.

11Abakhuluwa bakaJosefu bammonela, kodwa yena uyise wamana elijika-jika engqondweni eli phupha.

UJosefu uyathengiswa, asiwe eJiputa

12 Aconteceu que os irmãos de José haviam saído, levando as ovelhas e as cabras do seu pai até os pastos que ficavam próximos da cidade de Siquém.

12Ngamini ithile abakhuluwa bakaJosefu babeseShekem besalusa impahla,

13 Então, Israel perguntou a José: "Não apascentam teus irmãos nossos rebanhos em Siquém? Vem, vou enviar-te a eles." E ele prontamente respondeu: "Eis-me aqui!"

13wathi uSirayeli kuJosefu: "Ndifuna ukukuthuma kubantakwenu eShekem apho bayalusela khona impahla." Uthe uJosefu: "Kulungile, tata."

14 E prosseguiu Jacó: "Vai, então, ver como estão teus irmãos e os rebanhos, e traze-me notícias!" Ele o enviou quando estava no vale de Hebrom. Mas José se perdeu quando estava próximo de Siquém;

14Uthe uYakobi: "Khawuye kukhangela ukuba abantakwenu basahleli kakuhle na, nokuba akukho monakalo ukhoyo na empahleni, ubuye uze kundazisa." Wanduluka ke uJosefu kuloo ntili yeHebron, ethunywe eShekem. Wahamba waya kufika eShekem uJosefu.

15 um homem o encontrou vagueando pelos campos e lhe indagou: "Que procuras?"

15Kuthe esabhadula kwelo zwe, kwavela ndoda ithile, yambuza yathi: "Ufuna ntoni?"

16 Ele respondeu: "Procuro meus irmãos. Indica-me, por favor: Onde costumam apascentar os rebanhos?"

16"Ndifuna abantakwethu abalusa impahla; ungandixelela apho bakhoyo?" utshilo uJosefu.

17 Então, o homem informou-lhe: "Eles levantaram acampamento daqui. Eu os ouvi dizer: 'Vamos para Dotã!'" Assim, José partiu à procura de seus irmãos e os encontrou em Dotã.

17"Sebemkile," itshilo loo ndoda. "Ndibavele besithi baza kuya eDotan." Wenjenjeya ke uJosefu ukulandela abantakwabo, wada waya kugaleleka eDotan, apho wafika bekhona.

[18] Eles o viram de longe e, antes que pudesse chegar mais perto, tramaram sua morte.
[19] E combinaram entre si: “Eis que vem se aproximando aquele sonhador!
[20] Vinde, matemo-lo, joguemo-lo numa cisterna qualquer; diremos que um animal feroz o devorou. Veremos o que acontecerá com seus sonhos!”
[21] Todavia, Rúben, ouvindo isso, salvou-o de suas mãos. E propôs aos irmãos: “Não lhe tiremos a vida!”
[22] Afirmou Rúben: “Não derrameis sangue humano! Lançai-o neste poço, aqui no deserto, mas não ponhais a mão sobre ele para o ferir!” Ele somente dissera assim para livrar José das mãos deles e, assim que possível, restituí-lo a seu pai.
[23] Então, quando José chegou junto deles, despojaram-no de sua túnica, a túnica de mangas longas e adornada, que ele vestia.
[24] Arremessaram-se contra ele e o lançaram na cisterna; era um poço vazio e sem água.
[25] Depois sentaram-se para comer. Entretanto, ao erguerem os olhos, eis que viram uma caravana de ismaelitas que vinha de Gileade. Seus camelos vinham carregados de especiarias, bálsamo e mirra, que estavam transportando para o Egito.

[26] Então sugeriu Judá a seus irmãos: “De que nos aproveita matar nosso irmão e escondermos seu sangue?

[27] Vinde, vendamo-lo aos ismaelitas, mas não ponhamos a mão sobre ele: é nosso irmão, da mesma carne que nós!” E seus irmãos o ouviram.

[18]Bambona esekude, waza wathi efika kubo baba sebenze iyelenqe lokumbulala.
[19]Bathi bakumbona: “Nanku esiza laa mphuphi.
[20]Masimbulale, size isidumbu sakhe sisifake kwelinye lala maqula atshileyo, sithi uqwengwe ngamarhamncwa, sibone ke ukuba aya kuthini na loo maphupha akhe.”
[21]URubhen wabavela kuloo nto, wafuna ukumsindisa uJosefu, wathi: “Hayini, madoda,

[22]masingambulali siphalaze igazi lomntakwethu. Makaphoswe nje kweli qula lilapha entlango, kodwa ningamenzakalisi.” Ethetha loo nto nje wayeceba ukumhlangula kubo, aze amgoduse amse kuyise.

[23]Akufika kubantakwabo uJosefu, bamkhulula loo ngubo imbeje-mbeje,

[24]baza bamthatha bamphosa equleni elingenamanzi.

[25]Kuthe ke besatya, kwee gqi igqiza lamaIshmayeli, evela eGiliyadi, esinga eJiputa. Ayeqhuba iinkamela ezithwele intlaka yesiqhumiso, namafutha anamakha, nentlaka yokuqhola.

[26]UJuda wabhekisa kubantakwabo, wathi: “Iza kusenzela ntoni into yokubulala umntakwethu, khona sesibufihlile obo bugwinta?
[27]Masithengise ngaye kula maIshmayeli. Ngaloo ndlela asiyi kumenzakalisa. Andithi gxebe ligazi lethu eliya?” Bavumelana naye abanye.

[28] Quando passaram os mercadores ismaelitas, eles retiraram José da cisterna. Venderam José aos ismaelitas por vinte peças de prata e estes o levaram para Egito.

[28]Kwathi xa kwakudlula iqela labarhwebi bamaMidiyan, bamkhupha uJosefu kuloo mhadi, bamthengisa ngamashumi amabini eesiliva kumaIshmayeli, awamthathayo amsa eJiputa.

[29] Entrementes, quando Rúben retornou à cisterna, eis que José não estava mais ali! Então, enfurecido, rasgou suas vestes

[29]Akuya kuvela kwelo qula uRubhen, wafika engekho uJosefu, wasuka wakrazula izambatho zakhe ngenxa yosizi awayenalo.

[30] e, saindo ao encontro de seus irmãos, desabafou: “O rapaz não está mais lá! E eu, aonde irei?”

[30]Wabuyela kubaninawa bakhe, wathi: “Madoda, laa nkwenkwe ayikho phaya; ndiza kuyithini le nto?”

[31] Então, eles degolaram um bode e ensoparam de sangue a túnica de José.

[31]Banqumla ibhokhwe, baza ingubo kaJosefu bayityikila ngelo gazi layo.

[32] Em seguida a mandaram entregar ao pai com este recado: “Eis o que encontramos! Vê se é ou não a túnica de teu filho”.

[32]Bayithatha loo ngubo, bayisa kuyise, bafika bathi: “Sichole le nto; khawufanise ukuba ngaba asiyiyo eyonyana wakho na?”

[33] Jacó a observou e afirmou: “Certamente é a túnica de meu filho! Um animal selvagem o esquartejou e o devorou! José foi trucidado!”

[33]UYakobi wayifanisa kwangoko, wathi: “Yingubo yomntwanam le! Kwowu, uqwengwe ngamarhamncwa! Hayi, amqwenga-qwengile umntwanam uJosefu!”

[34] Indignado Jacó rasgou suas vestes, vestiu-se de pano de saco, conforme a tradição, e pranteou durante muitos dias por seu amado filho.

[34]Wazikrazula izambatho zakhe uYakobi, elusizi; wanxiba ezamarhonya, ezila. Wamzilela ithuba elide unyana wakhe.

[35] Todos os seus filhos e filhas se achegaram para oferecer-lhe consolo, contudo ele recusou toda e qualquer consolação, e declarou: “Não! É em luto que descerei ao Sheol para me encontrar com meu filho!” E continuou a chorar a perda de seu filho José.

[35]Beza kumthuthuzela bonke oonyana neentombi zakhe, kodwa wala, akavuma ukuthuthuzeleka. Uthe kubo: “Ndiya kude ndife ndisamzilele umntwana wam.” Wazila rhoqo ke, ezilela unyana wakhe uJosefu.

[36] Enquanto isso, no Egito, os midianitas vendiam José a Potifar, oficial do Faraó e capitão da guarda imperial.

[36]Ngelo xesha amaMidiyan ayeselemthengisile uJosefu eJiputa kuPotifare, elinye lamagosa okumkani waseJiputa, elaliyinduna yabalindi bebhotwe lakomkhulu.

Gênesis 38

Judá e Tamar

[1] Aconteceu que, nesse tempo, Judá se separou dos seus irmãos e foi morar na casa de um homem de Odolam que se chamava Hira.

[2] Ali Judá encontrou a filha de um cananeu chamado Suá, casou-se com ela e a possuiu.

[3] Ela concebeu, deu à luz um filho, e o pai o chamou de Er.

[4] Outra vez ela concebeu e gerou um filho, que chamou de Onã.

[5] Quando estava em Quezibe, engravidou novamente e teve um outro menino, que chamou de Selá.

[6] Mais tarde, Judá casou Er, seu filho primogênito, com uma mulher chamada Tamar.

[7] O SENHOR Deus reprovou severamente as contínuas atitudes perversas que Er, o filho mais velho de Judá, praticava e, por esse motivo, o fez morrer.

[8] Então, Judá orientou Onã: “Vai à mulher de teu irmão, cumpre com ela o dever de cunhado, casa-te com ela e suscita uma posteridade a teu irmão!”

[9] Ora, Onã tinha consciência de que o filho que nascesse não seria considerado como seu. Por isso, cada vez que tinha relações sexuais com a viúva do seu irmão, ele deixava que o esperma caísse no chão para que seu irmão não tivesse descendentes por meio dele.

[10] O SENHOR ficou irado com a atitude desobediente e egoísta de Onã e o matou também.

Eyeziqalo 38

UJuda noTamare

[1]Ngelo xesha ke uJuda wabashiya abantakwabo, waya kuhlala nomfo ogama linguHira, owayehlala kwidolophu iAdulam.

[2]UJuda wabona apho intombi yomKanana ogama linguShuwa. Wayithatha yaba ngumkakhe,

[3]yazala inkwenkwe ekwathiwa nguEre igama layo.

[4]Uphinde wazala enye inkwenkwe, kwathiwa igama layo nguOnan.

[5]Uzele enye inkwenkwe kwakhona, yona kwathiwa nguShela. Wayehlala eKezibhi uJuda ukuzalwa kwale nkwenkwe.

[6]UJuda wamfunela umfazi uEre unyana wakhe omkhulu. Igama lakhe lalinguTamare.

[7]UEre wayeziphethe kakubi, loo nto yabangela ukuba uNdikhoyo abunqamle ubomi bakhe.

[8]UJuda uthe uOnan, umninawa kaEre, makadibane nomka-mkhuluwa wakhe, khon' ukuze azalele umkhuluwa wakhe abantwana ngokwesiko.

[9]UOnan, esazi ukuba wayengazi kuzizalela abo bantwana, wathi rhoqo ukumane eyichithela phantsi imbewu yakhe ngalo lonke ixesha adibana noTamare, khon' ukuze angathathi, angamzaleli bantwana umkhuluwa wakhe.

[10]Loo nto wayithiya kakhulu uNdikhoyo, waza wabunqamla ubomi bukaOnan.

[11] Então, Judá pediu a sua nora Tamar: "Volta à casa de teu pai, e mora lá como viúva até que meu filho Selá se torne adulto", porquanto temia que ele viesse a morrer por algum motivo, como ocorrera com seus irmãos. Sendo assim, Tamar voltou a residir em casa de seu pai.

[11]Uthe ke uJuda kumolokazana wakhe uTamare makakhe agoduke, aye kuhlala kowabo engumhlolokazi, de kukhule uShela unyana omncinci. Watsho kuba esoyika hleze afe noShela kwanjengabakhuluwa bakhe. Wagoduka ke uTamare.

[12] Passaram-se muitos dias e a filha de Suá, a esposa de Judá, morreu. Quando Judá encerrou seu luto, foi até Timna com seu amigo Hira, o adulamita, a fim de observar os trabalhos de tosquia de seu rebanho.

[12]Emva kwethuba umka-Juda intombi kaShuwa wabhubha. Akuba ephumile ehlathini uJuda, wahamba nogxa wakhe uHira waseAdulam, baya eTimna, apho kwakuchetywa khona iigusha zakhe.

[13] Esse fato foi comunicado a Tamar: "Eis que teu sogro sobe a Timna para acompanhar a tosquia de suas ovelhas!"

[13]Kwabakho mntu uthile uhlebela uTamare ukuba uyisezala wayesiya kucheba iigusha zakhe eTimna.

[14] Então, ela trocou de roupa, abandonando as roupas próprias de viúva, cobriu o rosto com um véu com a intenção de não ser reconhecida, e foi sentar-se à entrada da cidade de Enaim, que fica no caminho para Timna. Ela agiu dessa maneira porque percebeu que, embora Selá já tivesse se tornado adulto, ela ainda não lhe tinha sido oferecida em casamento.

[14]UTamare wazikhulula iimpahla zokuzila awayezinxibile, wafihla nobuso bakhe ngesigqubuthelo, waza wahlala phantsi ngasesangweni lase-Enayim, eyayiyidolophu esendleleni eya eTimna. Wayesazi ukuba uShela unyana omncinci kaJuda wayeselekhulile, kodwa yena Tamare wayengekanikezelwa kuye.

[15] Assim que a avistou, Judá pensou que fosse uma prostituta, pois ela havia ocultado seu rosto.

[15]Akumbona uTamare, uJuda waba lihenyukazi nje, kuba wayebufihlile ubuso bakhe.

[16] Não percebendo que se tratava de sua nora, dirigiu-se a ela, à beira da estrada, e a convidou: "Vem, deixa-me possuir-te!" Porquanto não podia imaginar que aquela mulher fosse sua própria nora. E a mulher indagou: "Que me darás para coabitares comigo?"

[16]Wawela indlela, waya kuye, wafika wathi: "Khawutsho, ufuna ndikunike ntoni?" Esitsho nje wayengaqondi ukuba ubhekisa kumolokazana wakhe. UTamare ke waphendula wathi: "Yintoni ongandinika yona wena?"

[17] Ao que ele replicou: "Eu te mandarei um cabritinho do meu rebanho!" Todavia, ela

[17]Uthe uJuda: "Ndakuthumela itakane lebhokhwe." UTamare uthe: "Kulungile

retrucou: "Sim, se me deres um penhor de garantia até que o mandes!"

[18] E ele questionou: "Ora, que garantia queres que te deixe?" E a mulher prontamente lhe pediu: "O teu selo com teu cordão, e o cajado que seguras!" Então Judá entregou os objetos solicitados e seguiu com ela. Tiveram relações sexuais e naquele mesmo dia ela engravidou de Judá.

[19] Tamar retornou para sua casa, retirou o véu e voltou a colocar a mesma roupa tradicional de viúva.

[20] Mais tarde, Judá mandou o seu amigo Hira levar o cabrito prometido e trazer de volta os objetos que havia deixado com a mulher, mas Hira não a encontrou.

[21] Então, perguntou aos homens de Enaim: "Onde está aquela prostituta mística que costumava ficar na beira do caminho?" Mas os homens responderam: "Jamais houve uma prostituta mística nesta cidade!"

[22] Hira voltou, pois, junto a Judá e lhe reportou: "Eu a procurei mas não me foi possível encontrá-la! Também os homens do lugar me asseguraram que jamais viram uma prostituta mística ali!"

[23] Então, Judá concluiu: "Que ela fique com tudo: que não zombe de nós, pois eu enviei o cabrito, mas tu não a achaste!"

[24] Passados uns três meses, foram levar notícias a Judá: "Eis que tua nora Tamar prostituiu-se e ficou grávida por causa de sua má conduta!" Então Judá ordenou: "Tirai-a para fora de casa e que seja queimada viva!"

ukuba undinika isibambiso ndisigcine kude kufike elo takane."

[18]"Ndikunike sibambiso sini?" ubuze watsho uJuda. Uthe uTamare: "Ndinike eso siphawulo sakho kunye nomtya waso, naloo msimelelo wakho." Wamnika ke uJuda. Balala, wathatha uTamare.

[19]Wagoduka, wafika wothula eso sigqubuthelo wayesithwele, wanxiba impahla yakhe yokuzila.

[20]UJuda wathumela uHira ugxa wakhe ukuba ase elo takane, aze athathe ezo zinto wayebambise ngazo kuloo mfazi. Kodwa akazange amfumane loo mfazi uHira.

[21]Wabuza kubafo abathile base-Enayim wathi: "Liye phi elaa henyukazi laliba secaleni kwendlela?" Bathi ke bona: "Akuzange kubekho henyukazi apha."

[22]Wabuyela kuJuda, wathi: "Andimfumananga; yaye namadoda alapho athi akuzange kubekho henyukazi apho."

[23]Wathi uJuda: "Akukho nto; masezihlala kuye ezo zinto zam. Nto nje andifuni kuba yintlekisa ebantwini. Kambe mna ndilingile ukuhlawula, kodwa lona ihenyukazi alifumaneki."

[24]Emva kweenyanga ezintathu waxelelwa uJuda kwathiwa: "UTamare umolokazana wakho ubeziphethe kakubi, ngoku ke umithi." UJuda wathi: "Mkhupheleni ngaphandle, atshiswe ngomlilo ade afe."

[25] Assim que a agarraram, ela mandou dizer a seu sogro: “Sim! Estou grávida do homem a quem pertence isto. Vê se o senhor reconhece a quem pertence este selo, este cordão e este cajado”.

[26] Judá os reconheceu e declarou: “Ela é mais justa do que eu, porquanto não cumpri minha palavra, dando-a como esposa ao meu filho Selá”. E nunca mais teve relações sexuais com ela.

[27] Quando chegou o tempo do parto, descobriram que Tamar ia dar à luz gêmeos.

[28] Durante os trabalhos de parto, um dos gêmeos colocou uma das mãos para fora. A parteira pegou um fio vermelho e amarrou-o no pulso dele e afirmou: “Foi este quem saiu primeiro!”

[29] Contudo, aconteceu que ele recolheu a mão e foi seu irmão quem, de fato, saiu primeiro. Então a parteira exclamou: “Tu abriste teu próprio caminho!” E, portanto, o chamaram de Perez.

[30] Em seguida saiu seu irmão, que tinha o fio escarlate no pulso, e foi-lhe dado o nome de Zerá.

Gênesis 39

José na casa de Potifar

[1] José fora, portanto, levado ao Egito, onde os ismaelitas o venderam a um egípcio chamado Potifar, um oficial que era capitão da guarda do palácio.

[2] Ora, Yahweh, o SENHOR estava com José, que em tudo teve êxito, e passou a morar na casa do seu senhor egípcio.

[25]Kuthe xa bamqhubayo, wathumela abantu kuyisezala ukuba bamxelele bathi: “UTamare uthi: ‘Ndimithiswe ngulo mntu ezizezakhe ezi zinto: isiphawulo nomtya waso, nomsimelelo. Khawuzijongisise, ukhangele ukuba ngaba zezikabani na.’ ”

[26]UJuda wazazi kwangoko, wathi: “Akanatyala. Ndim ongahambanga ngesiko. Bendimelwe kukumnikezela kunyana wam uShela.” Waba uqale wagqibelisa uJuda ukulala noTamare.

[27]Kuthe xa kusondela ilixa lokubeleka, kwabonakala ukuba wayeza kuzala amawele.

[28]Xa alunywayo elinye iwele lavelisa isandla, waza umfazi owayembelekisa wasibamba, wasibopha ngomsonto obomvu eso sandla, wathi: “Lo uvele tanci.”

[29]Kodwa sabuya satshona isandla, kwaza kwavela elinye iwele kuqala. Wathi ke loo mfazi: “Wenjenje kanti ukuzivulela indlela!” Kwathiwa ke igama lalo nguPerezi.

[30]Ke yena umntakwabo wavela enalaa msonto ubomvu, kwathiwa yena nguZera.

Eyeziqalo 39

UJosefu nomka-Potifare

[1]Ke kaloku amaIshmayeli aya naye eJiputa uJosefu, afika amthengisa kuPotifare, owayengomnye wamaphakathi okumkani waseJiputa, owayenguyena nduna yabalindi basebhotwe.

[2] UNdikhoyo waba naye uJosefu, wamphumeza kwinto yonke.

Wayehlala endlwini yenkosi yakhe yomJiputa,

[3] O senhor egípcio percebeu que o SENHOR Deus amparava José e o abençoava em tudo o que realizava.

[3]eyaqondayo ukuba uJosefu wayephantsi kogcino lukaNdikhoyo, yaye yayinesandla sikaNdikhoyo yonke into ayenzayo.

[4] Dessa maneira José ganhou a simpatia do seu dono, que o promoveu a seu ajudante pessoal, como administrador de seus bens. Potifar deixou a seu cuidado sua própria casa e lhe confiou tudo o que possuía.

[4]Wakholiseka nguJosefu uPotifare, wamenza intonga yakhe yasekhosi. Ngoko ke wamenza induna yomzi wakhe nomlawuli wempahla yakhe yonke.

[5] E a partir do momento em que ele passou a administrar a casa de Potifar e todos os seus bens, o SENHOR abençoou toda a casa do egípcio, em consideração a José: a bênção de Yahweh alcançou tudo o que ele possuía em casa e nos campos.

[5]Ukususela ngoko uNdikhoyo wawuthamsanqelisa umzi waloo mJiputa, kunye nemfuyo yakhe, namasimi akhe, nayo yonke into awayenayo, ngenxa kaJosefu.

[6] Então entregou nas mãos de José tudo o que tinha e, com ele, não se preocupou com mais nada, a não ser com a comida que tomava. José era um homem de belo porte e tinha um rosto muito bonito.

[6]Yonke into yakhe ke uPotifare wayinikela elulawulweni lukaJosefu, akwabikho nto yimbi azikhathaza ngayo ngaphandle nje kokuthatha icephe atye. UJosefu wayemile kakuhle, eyinzwana yomfana.

[7] Algum tempo depois, a mulher do seu senhor começou a cobiçar José. E um dia ela o convidou: “Vem e deita-te comigo!”

[7]Kwakuba mzuzu umka-Potifare wafikelwa ngumnqweno ngoJosefu, wazicelela isondo kuye.

[8] No entanto, ele se recusou e afirmou à mulher do seu senhor: “Estando eu aqui, meu senhor não se preocupa com o que passa na casa e me confiou tudo o que lhe pertence.

[8]UJosefu wala, esithi: “Inkosi yam ijonge kum, mna Josefu, ngento yonke yayo; ayisazikhathazi nganto, kuba ithembe mna.

[9] Ele mesmo não exerce, nesta casa, mais autoridade do que eu, porquanto nada me negou, a não ser a senhora, pois é esposa dele. Sendo assim, como poderia eu cometer algo tão perverso para com meu senhor e pecar contra Deus?”

[9]Yaye indinike lonke igunya emzini wayo; nguwe kuphela endingenagunya kuye. Ke ndingathini mna ukwenza into embi kangako, ndimone uThixo?”

[10] Porém, todos os dias ela insistia que ele se deitasse com ela, mas José se recusava e fazia o possível para se manter longe da presença dela.

[10]Naxa wazingayo lo mfazi ukucela isondo kuJosefu mihla le, uJosefu yena wala ukuyenza loo nto.

[11] Ora, certo dia, José veio à casa para fazer seu serviço e não havia na casa nenhum dos domésticos.

[11]Kwathi ngenye imini, uJosefu engene endlwini kaPotifare, eye kusebenza, wafika kungekho nasinye isicaka.

[12] A mulher o agarrou pelo manto e voltou a apelar: "Vem e deita-te comigo!" Contudo, ele fugiu da casa apressadamente, deixando o manto preso à mão da mulher.

[12]Umka-Potifare wambamba, emtsala ngengubo, wathi: "Yiza kaloku!" Kodwa waphuncula uJosefu, wabalekela ngaphandle, washiya loo ngubo yakhe eyiphethe ngesandla loo mfazi.

[13] Assim que se deu conta de que, na fuga agonizante de José, ela havia segurado seu manto consigo,

[13]Uthe loo mfazi akuphawula ukuba uJosefu uyishiyile ingubo yakhe, wabalekela ngaphandle,

[14] a mulher de Potifar chamou seus criados e lhes alegou: "Vede! Meu marido nos trouxe um hebreu para nos insultar. Ele invadiu minha casa e tentou abusar de mim, mas eu gritei.

[14]wabiza izicaka zakhe, wazibonisa loo ngubo. Watsho esithi: "Laa mHebhere ungeniswe ngumyeni wam emzini wam uyasihlazisa, kuba ungene egumbini lam efuna ukundidlwengula. Kodwa mna ndizincede ngokutsho esikrakra esi isikhalo.

[15] Quando me ouviu gritar por socorro, largou esse manto ao meu lado e fugiu daqui!"

[15]Wothuswe seso sikhalo, wabalekela ngaphandle, eshiya loo ngubo yakhe ngakum."

[16] Ela conservou o manto consigo até que o senhor de José chegasse à casa.

[16]Wayigcina ke loo ngubo kaJosefu kwada kwabuya inkosi yakhe.

[17] Então, contou-lhe sua versão da história: "Aquele escravo hebreu que nos trouxeste aproximou-se de mim para me insultar.

[17]Ithe yakufika nayo wayenzela eli bali: "Laa mHebhere umngenise ekhaya apha ungene egumbini lam, efun' ukundihlazisa.

[18] Todavia, quando gritei por socorro, ele largou seu manto ao meu lado e fugiu assustado!"

[18]Ndizincede ngokutsho esikrakra sona isikhalo, ukuze abalekele ngaphandle. Washiya nale ngubo yakhe ngakum."

[19] Quando o marido ouviu o que lhe relatava sua mulher: "Eis de que maneira teu escravo agiu para comigo", sua ira se inflamou tremendamente.

[19]Waqumba kakhulu uPotifare akuyiva loo nto ithethwa ngumkakhe,

[20] O senhor de José mandou apanhá-lo e jogá-lo na prisão, onde estavam os prisioneiros do rei. Assim, ele ficou na prisão.

[21] Contudo, Yahweh, o SENHOR assistiu José, estendeu sobre ele sua bondade e poder e o fez encontrar graça aos olhos do carcereiro-chefe.

[22] Assim, o carcereiro-chefe transferiu para José toda a autoridade sobre o cárcere e sobre todos que estavam ali presos, e ele se tornou supervisor de tudo o que se passava na prisão.

[23] O carcereiro-chefe passou a não se preocupar com mais nada, pois tudo corria bem sob a administração eficaz de José; isso porque o SENHOR estava com José e o abençoava com bom êxito em tudo o que realizava.

Gênesis 40

José, na prisão, interpreta dois sonhos

[1] Passado algum tempo depois desses acontecimentos, o copeiro do rei do Egito e seu padeiro praticaram um ato de ofensa a seu senhor.

[2] O Faraó irou-se com os dois oficiais: o chefe dos copeiros e o chefe dos padeiros,

[3] e mandou que fossem presos na casa do capitão da guarda, na mesma prisão em que José se encontrava.

[4] Então o capitão da guarda os confiou aos cuidados de José para que os servisse, e ficaram certo tempo detidos.

[5] Ora, numa mesma noite, os dois, o copeiro e o padeiro do rei do Egito, que estavam detidos na prisão, tiveram um sonho, cada qual com a sua significação.

[20]wathi uJosefu makabanjwe, avalelwe entolongweni ekwakuvalelwa kuyo amabanjwa kakumkani. Wahlala apho.

[21]Kodwa nalapho uNdikhoyo waba ngakuJosefu, wamthamsanqelisa, watsho wathandwa ngujela.

[22]Ujela wamnyusela uJosefu, wangumphathi wamanye amabanjwa. Yonke into eyenziwa entolongweni yajonga yena.

[23]UNdikhoyo wamphumeza uJosefu kangangokude ujela angabi sajongana nemisebenzi eyayijongwe nguJosefu, kuba uNdikhoyo wayemthamsanqelisa.

Eyeziqalo 40

UJosefu uchaza amaphupha amanye amabanjwa

[1]Emva kwexesha injoli kakumkani waseJiputa, kunye nombhaki oyintloko, bayona inkosi yabo ukumkani.

[2]Wacaphuka ukumkanizizenzo zala madoda,

[3]wawafaka ke entolongweni kumzi wenduna yabalindi, apho kwakugcinwe khona uJosefu.

[4]Bahlala ke entolongweni apho, yaza induna yenza uJosefu umququzeleli wabo.

[5]Ngabusuku buthile bakuba besentolongweni ithutyana, injoli yaba nephupha, kwanaye nombhaki waba

nelakhe iphupha. Amaphupha abo ayethetha izinto ngezinto.

[6] Logo ao romper do dia, vindo encontrá-los, José percebeu que estavam preocupados.

[6]Akufika kubo uJosefu ngentsasa, wababona bematshekile.

[7] E indagou aos eunucos do Faraó que também estavam presos na casa do seu senhor: “Por que tendes hoje o vosso rosto abatido?”

[7]Ubuze wathi: “Kutheni ingathi nikhathazekile nje namhlanje?”

[8] Eles lhe responderam: “Tivemos sonhos estranhos, e não há ninguém que os consiga interpretar”. Mas José lhes explicou: “É Deus quem dá a interpretação; todavia contai-me os sonhos!”

[8]Bathe bona: “Sibe namaphupha phezolo, yaye akukho namnye umntu apha okwaziyo ukuwachaza into ayithethayo.” “NguThixo otyhila inkcazelo yamaphupha,” utshilo uJosefu. Watsho esithi: “Ndilawuleleni amaphupha enu.”

[9] O chefe dos copeiros tomou a iniciativa e narrou a José o sonho que tivera: “Sonhei que havia diante de mim uma videira,

[9]Kuqale injoli, yathi: “Mna ndiphuphe kukho umdiliya ngaphambi kwam,

[10] e na videira três ramos. Eis que ela brotou, floresceu e produziu uvas que amadureciam em cachos.

[10]unamasebe amathathu. Kuthe nje kuvele amagqabi, kwantshula iintyatyambo, neediliya zavuthwa.

[11] Eu tinha em minha mão a taça do Faraó: apanhei os cachos de uva, espremi-os na taça do Faraó e coloquei a taça nas mãos do Faraó”.

[11]Bendiphethe indebe kakumkani, ndazikha iidiliya ezo, ndazikhamela endebeni, ndazinika ukumkani.”

[12] Então, José lhe revelou: “Eis o que isso significa: os três ramos representam três dias.

[12]Uthe uJosefu: “Nantsi into ethethwa leli phupha lakho: Amasebe amathathu ziintsuku ezintathu.

[13] Mais três dias e o Faraó te erguerá a cabeça e te restituirá o emprego: colocarás a taça do Faraó em suas mãos, como outrora tinhas a responsabilidade de fazer, quando eras seu copeiro de confiança!

[13]Ngeentsuku ezintathu ukumkani uza kukukhulula, akuxolele, akubuyisele emsebenzini wakho. Uza kubuya ube yinjoli yendebe yakhe njengoko ubuyiyo ngaphambili.

[14] Contudo, lembra-te de mim, quando estiveres vivendo bem na companhia do Faraó, e tem a bondade de interceder por

[14]Uzuncede ke kodwa, ungandilibali xa izinto sezikulungele, uncede uthethe ngam kukumkani, ndikhululwe kule ntolongo.

mim junto ao rei, ajudando-me, assim, a sair desta cadeia.

15 Em verdade fui trazido à força da terra dos hebreus, e também aqui nada fiz para ser jogado neste calabouço!”

16 Ouvindo, pois, o chefe dos padeiros essa interpretação promissora, imediatamente rogou a José: “Eu também tive um sonho: havia três cestas de bolos sobre a minha cabeça.

17 Na cesta mais alta havia todos os tipos de doces que o Faraó aprecia, mas as aves os comiam na cesta, sobre a minha cabeça”.

18 Então José lhe redarguiu, da seguinte maneira: “Eis o que significa este sonho: as três cestas representam três dias.

19 Mais três dias ainda e o Faraó te erguerá a cabeça, mandará decapitá-lo e empalar teu corpo numa estaca, e as aves comerão a tua carne”.

20 Três dias se passaram e era a comemoração do dia do nascimento do Faraó, e ele ofereceu um banquete a todos os seus conselheiros. Na presença de toda a corte reapresentou o chefe dos copeiros e o chefe dos padeiros.

21 Restaurou o chefe dos copeiros à sua posição original, de modo que ele retomou plenamente suas funções junto ao rei, e voltou a ser aquela pessoa de confiança que serve a taça do Faraó.

22 Entretanto, ao chefe dos padeiros mandou decapitar e empalar, exatamente como José lhes revelara, em sua interpretação dos sonhos de ambos.

15Ikakade mna ndebiwa kwilizwe lamaHebhere, ukanti nalapha eJiputa akukho nto ndiyenzileyo ibinokundingenisa entolongweni.”

16Uthe naye umbhaki wezonka, akubona ukuba into iphupha lenjoli eliyithethayo iyanandipheka, naye walilawula kuJosefu iphupha lakhe, esithi: “Mna, kwelam iphupha bendithwele ngentloko iibhaskiti ezintathu.

17Kwephezulu ibhaskiti bekukho zonke iindidi zokutya kukakumkani okwenziwa ngumbhaki, kwafika iintaka zakuxhola.”

18UJosefu uthe: “Nantsi into ethethwa liphupha lakho: Iibhaskiti ezintathu zithetha iintsuku ezintathu.

19Ukumkani uza kukukhulula ngeentsuku ezintathu, kodwa uza kunqunyulwa intloko, uze uxhonywe esibondeni, zize iintaka zikuxhole.”

20Ngomhla wokukhunjulwa kokuzalwa kukakumkani, ngemva kweentsuku ezintathu ukususela koku, ukumkani wenzela iindedeba zasebhotwe itheko. Wayikhulula injoli nombhaki, beziswa phambi kwezo ndedeba.

21Injoli yabuyiselwa kumsebenzi wayo ebikade iwenza,

22kodwa yena umbhaki wanqunyulwa intloko. Kwaba njengokutsho kukaJosefu.

[23] Apesar de tudo, o chefe dos copeiros não se lembrou de José; ao contrário, esqueceu-se completamente dele.

Gênesis 41

José interpreta os sonhos de Faraó

[1] Dois anos se passaram. Certo dia, o rei do Egito sonhou que estava em pé na beira no rio Nilo.

[2] De repente, saíram do rio sete vacas vistosas e gordas, que começaram a pastar entre os juncos que vicejam à beira do rio.

[3] Logo em seguida saíram do rio outras sete vacas, de aparência feia e mal alimentadas, e se alinharam ao lado das primeiras, na margem do Nilo.

[4] Então, aconteceu que as vacas feias e magras engoliram as bonitas e gordas. Foi quando o Faraó acordou assustado.

[5] Ele voltou a dormir e teve um segundo sonho: sete espigas subiam de uma mesma haste, granadas e lindas de se ver.

[6] Mas eis que sete espigas mirradas e queimadas pelo sol e vento orientais nasciam atrás delas.

[7] Então, aconteceu que as espigas mirradas devoraram as sete espigas graúdas e cheias. Então, o Faraó acordou preocupado: era um sonho!

[8] De manhã, com o espírito conturbado, o Faraó mandou chamar todos os magos e todos os sábios do Egito e lhes contou os sonhos que tivera durante aquela noite passada, mas ninguém conseguiu dar ao Faraó uma explicação convincente.

[23]Kodwa injoli yamlibala kwaphela uJosefu.

Eyeziqalo 41

UJosefu uchaza iphupha likakumkani

[1]Kwadlula iminyaka yamibini, ukumkani waseJiputa waphupha emi ngakumlambo iNayile,

[2]apho kwathi gqi iimazi zeenkomo ezityebileyo ezisixhenxe, ziphuma emlanjeni, zigramza apho phezu komlambo.

[3]Kuthe thu ezinye iimazi ezinqinileyo, ezikwasisixhenxe. Zafika zema ngakwezo zaziphezu komlambo.

[4]Zaza ezo mazi zinqinileyo zazithi bimbilili ezo zityebileyo. Kwesi sithuba waphaphama ukumkani.

[5]Uphinde walala, wabuya waphupha kwakhona. Ubone izikhwebu ezisixhenxe zengqolowa, zizihle, zivuthiwe, zikhula kwisikhondo esinye.

[6]Kusuke kwantshula ezinye izikhwebu zengqolowa. Ezo zazintshwenyile, zimbatshiswe lulophu lwasempumalanga.

[7]Ezo zikhwebu zazintshwenyile zazithi bimbilili eziya zihle izikhwebu. Uphaphamile ukumkani, waza waziqonda ukuba ubephupha.

[8]Kwasa ekhathazekile yile nto, waza wathi makubizwe zonke izanuse noosiyazi baseJiputa. Wabalawulela amaphupha akhe, kodwa bonke batsho phantsi, ababi nako ukuwachaza.

[9] Então o chefe dos copeiros dirigiu a palavra ao Faraó e lhe declarou: “Devo confessar hoje minhas faltas!

[10] Um dia o senhor ficou com muita raiva de mim e do chefe dos padeiros e mandou nos prender na casa do capitão da guarda.

[11] Numa daquelas noites, cada um de nós teve um sonho, e cada sonho tinha uma interpretação particular.

[12] Pois bem, havia ali conosco um jovem hebreu, um escravo do capitão da guarda. Contamos a ele nossos sonhos, e ele nos revelou os seus significados, proporcionando a cada um de nós a interpretação exata do seu próprio sonho.

[13] E tudo aconteceu de acordo com o que ele nos dissera: eu fui restaurado à minha posição de confiança e o padeiro foi empalado!”

[14] Assim que ouviu isso, o Faraó mandou chamar José, que foi trazido às pressas da prisão onde estava. Depois de se barbear e trocar de roupa, apresentou-se perante o Faraó.

[15] Então o Faraó dirigiu a palavra a José e declarou: “Eu tive sonhos que ninguém consegue interpretar. Entretanto, ouvi dizer de ti que quando ouves qualquer sonho podes decifrá-lo”.

[16] Contudo, José disse ao Faraó: “Quem sou eu! É Deus quem dará ao Faraó uma resposta favorável!”

[17] Então o Faraó contou a José o que sonhara: “Em meu sonho, parecia-me estar em pé na margem do Nilo.

[9]Kuvele injoli, yathi kukumkani: “Mandiyivume namhla into yokuba ndenze impazamo.

[10]Ngokuya wawukhathazekile ngenxa yam nombhaki, wasivalela entolongweni emzini womphathi-balindi bebhotwe,

[11]kwathi ngabusuku buthile saphupha. Elowo waba nelakhe iphupha, engathethi nto inye loo maphupha.

[12]Apho kwakukho umfana womHebhere, evalelwe nathi, engumququzeleli womphathi-balindi. Sathi sakumlawulela wasichazela sobabini amaphupha ethu.

[13]Kwenzeka kanye njengoko wayetshilo: mna ndabuyiselwa emsebenzini wam, waxhonywa yena umbhaki.”

[14]Ukumkani wathi makabizwe uJosefu, waza ngoko nangoko wakhululwa entolongweni. Akuba etshevile, wanxiba kakuhle, wasiwa kukumkani.

[15]Waza wathi ukumkani kuJosefu: “Ndinephupha ekungekho bani ube nako ukulichaza. Ke ndivile ukuba uyakwazi ukuchaza amaphupha.”

[16]UJosefu uphendule ngelithi: “Mhlekazi, andikwazi kuchaza maphupha, koko nguThixo oya kuchazela ukumkani iphupha lakhe.”

[17]Ulilawule ke iphupha lakhe ukumkani wenjenje: “Ndiphuphe ndimi phezu komlambo iNayile.

[18] Eis que subiam do Nilo sete vacas bem alimentadas e de bela aparência, que começavam a pastar entre os juncos.

[18]Ndabona kuvela iimazi zeenkomo ezisixhenxe ezityebileyo emlanjeni apho, zigramza.

[19] No entanto, eis que outras sete vacas emergiram logo depois delas, exaustas, de aparência feia e mal alimentadas: jamais vi animais tão debilitados em toda a terra do Egito.

[19]Kuvele esinye isixhenxe seemazi ezinqinileyo. Zaziyeyona migqutsuba ndakha ndayibona kwelaseJiputa.

[20] As vacas magras e feias devoraram as sete primeiras, as vacas gordas.

[20]Loo migqutsuba ke yazithi bimbilili ezo mazi zityebileyo.

[21] Mesmo depois que as devoraram, não demonstravam qualquer benefício em tê-las devorado, porquanto sua aparência continuava tão extenuada e feia quanto no início. Então acordei.

[21]Kambe ke ayikhange ibonakale loo nto, kuba zasala ziyiloo migqutsuba kwanjengangaphambili. Ndaphaphama ke.

[22] Mais tarde voltei a sonhar e vi sete espigas de cereal, cheias e saudáveis, que cresciam num mesmo pé.

[22]Emva koko ke ndibuye ndaphupha ndibona izikhwebu ezisixhenxe ezihle zengqolowa, zintshula sikhondweni sinye.

[23] Depois delas, brotaram outras setes espigas, murchas e mirradas, ressequidas pelo sol extenuante e o vento leste.

[23]Kuphinde kwantshula nezinye ezisixhenxe izikhwebu zizibi ngathi zitshazwe lulophu lwasempumalanga,

[24] As espigas magras engoliram as sete espigas boas. Contei isso a todos os magos e adivinhos do Egito, mas ninguém foi capaz de esclarecer-me!”

[24]zazithi ginyi-ginyi eziya zikhwebu zihle. Ndiwalawule la maphupha kwizanuse zalapha, kodwa akwabikho namnye unokundichazela.”

[25] Então, José explicou ao rei: “Em verdade o Faraó teve um único sonho, pois ambos têm o mesmo sentido: Deus anunciou ao Faraó o que Ele vai realizar proximamente.

[25]Uthe ukuphendula uJosefu: “Omabini la maphupha athetha into enye, mhlekazi. UThixo ebekuxelela into aza kuyenza.

[26] As sete vacas belas e gordas significam sete anos, assim como as sete espigas saudáveis e cheias representam sete anos; é um só e mesmo sonho, portanto.

[26]Iimazi ezityebileyo ezisixhenxe yiminyaka esixhenxe, ukanti nezikhwebu ezihle ezisixhenxe zikwayiminyaka esixhenxe. Athetha into enye omabini la maphupha.

[27] As sete vacas feias e magras que sobem em seguida simbolizam sete anos e também as sete espigas mirradas e queimadas pelo

[27]Zona iimazi ezisixhenxe ezinqinileyo, ezivele mva, kwakunye nezikhwebu ezisixhenxe ezibi, ezitshaziswe lulophu

sol e o vento oriental: é que haverá sete anos de fome.

28 É exatamente como eu anunciei ao senhor: aprouve a Deus mostrar ao Faraó aquilo que Ele vai fazer proximamente.

29 Sete anos vindouros de muita fartura chegarão e abençoarão toda a terra do Egito.

30 Entretanto, em seguida virão sete anos de fome. Então, todo o tempo de abastança será esquecido, porquanto a fome arruinará a terra.

31 A fome que se abaterá depois dos bons anos será tão severa que o tempo de abundância não será mais lembrado sobre a terra.

32 O sonho veio ao Faraó duas vezes para deixar claro que Deus já se decidiu por assim agir e se apressa em realizar o que determinou".

33 E concluiu José: "Agora, portanto, que o Faraó escolha um homem inteligente e sábio e o estabeleça sobre toda a terra do Egito.

34 Que o Faraó aja e institua funcionários supervisores na terra para recolher um quinto da colheita do Egito durante os próximos sete anos de fartura.

35 Eles deverão reunir todos os víveres que puderem desses bons anos que virão e acumular estoques de trigo que, sob o controle do Faraó, serão armazenados nas cidades.

36 Esse estoque servirá de reserva especial para os sete anos de fome que se abaterão sobre o Egito, a fim de que a terra não seja aniquilada e o povo não morra de fome!"

lwasempumalanga, yiminyaka esixhenxe yendlala.

28Kunjengokuba besenditshilo, mhlekazi, uThixo ubekuxelela into aza kuyenza.

29Kuza kubakho iminyaka esixhenxe yendyebo kulo lonke elaseJiputa,

30emva koko kubekho iminyaka esixhenxe yendlala; yaye yonke loo minyaka yendyebo iya kuba ngathi ayizange yabakho ngenxa yendlala eya kuligqiba lonke ilizwe.

31Koba ngathi akuzange kubekho ntlutha, kuba indlala eyolandela yoba yeyoyikekayo.

32Ukuphinda-phindwa kwephupha lakho kuthetha ukuthi uThixo selesenzile isigqibo, yaye uselembovu ukuyenza le nto.

33"Ngoko ke, mhlekazi, khetha indoda elumkileyo, enamava, uyenze umphathiswa kweli lizwe.

34Kufuneka utyumbe nabanye abaphathi abaza kugcina isihlanu sesivuno kule minyaka isixhenxe yendyebo.

35Kufuneka bakuqokelele ukutya kule minyaka izayo yendyebo, babe negunya lokuvula oovimba ezixekweni, kugcinwe apho.

36Kukutya okugciniweyo kaloku okuya kondla abantu kwiminyaka yendlala eya kulandela kweli laseJiputa. Ngale ndlela ke abasayi kulamba abantu."

[37] A palavra e o plano de José agradaram ao Faraó e a todos os seus sábios e conselheiros.

Faraó põe José como governador do Egito

[38] E, portanto, o Faraó proclamou diante de sua corte e oficiais: "Encontraremos um homem como este, em quem esteja o Espírito de Deus?"

[39] Então o Faraó declarou a José: "Visto que Deus te fez saber tudo isso, não há ninguém tão perspicaz e sábio como tu em nossas terras!

[40] Tu serás o administrador do meu palácio e todo o meu povo se conformará às tuas ordens; só no trono te precederei!"

[41] O Faraó disse mais a José: "Vê: eu te estabeleço sobre toda a terra do Egito".

[42] E o Faraó tirou do dedo seu anel-selo e o colocou no dedo de José. Mandou que o vestissem com linho fino e colocou uma corrente de ouro fino em volta de seu pescoço.

[43] Também o convidou a subir em sua segunda carruagem real, tendo à frente os arautos do império que iam bradando: "Abrek, Inclinai-vos!" Assim José foi empossado no comando de toda a terra do Egito.

[44] E acrescentou ainda o Faraó: "Eu sou o Faraó, mas sem tua permissão ninguém erguerá a mão ou pé para dar um passo em toda a terra do Egito!"

[45] E o Faraó impôs a José o nome de Zafenate-Paneia e lhe deu por mulher

UJosefu ngumphathiswa waseJiputa

[37]Ukumkani namaphakathi akhe balivuma eli cebo likaJosefu,

[38]watsho esithi kubo: "Ngaba singafumana ndoda yimbi ngaphandle koJosefu, umfo owambathiswe ngoMoya kaThixo?"

[39]Ubhekise kuJosefu ke ukumkani, wathi: "Nguwe oyiboniswe nguThixo le nto yonke. Kucacile ke ukuba asinakubuya sifumane mntu wumbi onobulumko namava, ingenguwe.

[40]Ndiza kwenza wena ube ngumphathiswa elizweni lam. Bonke abantu bam baya kuthobela wena. Igunya lakho liya kuba ngaphantsi kwelam qha.

[41]Ngoko ke ndithi ungumphathiswa kulo lonke elaseJiputa."

[42]Watsho ukumkani wakhulula emnweni wakhe umsesane owawukrwelwe uphawu lokumkani, wawufaka emnweni kaJosefu. Wamthi wambu ngomnweba owenziwe ngelinen entle, watsho emgaxela entanyeni ngesidanga esenziwe ngegolide.

[43]Wamnika enye yeenqwelo zakhe ukuba ajikeleze ngayo njengesekela likakumkani. Wamnika namaphakathi okuhamba emgabulela izigcawu endleleni esithi: "Shenxani nikhahlele!" Wamiselwa ke uJosefu, waba ngumphathiswa waseJiputa.

[44]Wathi ukumkani kuye: "Ukumkani ndim, ndithi ke akukho bani kulo lonke elaseJiputa oya kwenza nto engakhululelwanga nguwe."

[45-46]Watsho ke ethiya uJosefu igama abizwa ngalo eJiputa elinguZafenati-paneya,

Azenate, filha de Potífera, sacerdote de Om, cidade do sol. Depois José saiu a inspecionar toda a terra do Egito.

46 José tinha trinta anos quando se apresentou diante do Faraó, rei do Egito, e José deixou a presença do Faraó e percorreu toda a terra do Egito.

47 Durante os sete anos de abundância, a terra produziu copiosamente,

48 e ele reuniu todos os víveres e o trigo excedente dos sete anos em que houve grande fartura sobre a terra do Egito e depositou-os nos armazéns construídos em todas as cidades egípcias. Em cada cidade ele armazenava os cereais colhidos nas lavouras das redondezas.

49 Foi dessa maneira que José estocou tanto mantimento, que desistiu de ficar pesando e contabilizando as cifras; as quantidades iam além de toda medida: parecia a areia das praias do mar.

50 Antes de começarem os anos de fome, Azenate, filha de Potífera, sacerdote de Om, deu a José dois filhos.

51 Ao primeiro, José deu o nome de Manassés, esclarecendo: "Deus me fez esquecer meus dias difíceis e toda a família de meu pai".

52 Quanto ao segundo filho, ele o chamou de Efraim, justificando: "Deus me fez próspero na terra dos meus sofrimentos".

53 Então chegaram ao fim os sete anos de abundância que houve na terra do Egito.

54 E, como José havia predito, começaram a vir os sete anos de fome. Havia carestia e

wamzekela nomfazi, uAsenati intombi kaPotifare umbingeleli waseOni. Ukuqala kwakhe ukungena kwakumkani waseJiputa wayemashumi mathathu ubudala uJosefu. Wemka ebhotwe, walijikeleza lonke elaseJiputa.

47Ngale minyaka isixhenxe yendyebo saba sikhulu kakhulu isivuno.

48Wasivalela koovimba isivuno uJosefu kuzo zonke iidolophu. Kwidolophu nganye wayeqokelela ukutya okuvunwe kumasimi alapho.

49Ingqolowa yayiyintaphane kangangokuba wada wayeka ukuyiveyisha uJosefu. Yayingangentlabathi ukuba ninzi kwayo.

50UAsenati intombi kaPotifera, umbingeleli waseOni, wazalela uJosefu oonyana ababini ngaphambi kwendlala.

51Unyana olizibulo wathi igama lakhe nguManase, kuba esithi: "UThixo undiphumzile ndatsho ndazilibala iinkxwaleko zam, andawakhumbula namawethu."

52Owesibini unyana wathi nguEfrayim, kuba esithi: "UThixo undiphe inzala kwilizwe endihlupheke kulo."

53Yaphela ke yona iminyaka yendyebo eJiputa,

54yagaleleka iminyaka yendlala, kanye njengoko wayetshilo uJosefu. Kwalanjwa

fome em todas as terras vizinhas, mas em todo o Egito havia o que comer.

55 Contudo, quando os egípcios também começaram a passar fome, foram reclamar alimentos com o rei. Então lhes ordenou o Faraó: "Ide a José e fazei tudo quanto ele vos disser!"

56 Nesse momento a fome já assolava todas as terras. Então José mandou que se abrissem todos os armazéns de trigo, e começou a vender mantimentos aos egípcios. Agravou-se ainda mais a fome na terra do Egito.

57 De todos os povos e regiões chegavam pessoas ao Egito para adquirir cereais de José, pois sobre o mundo inteiro abatera-se a mais severa falta de alimentos.

Gênesis 42

Os irmãos de José descem ao Egito

1 Assim que Jacó foi informado de que havia mantimentos no Egito, ordenou a seus filhos: "Por que estais aí a olhar uns para os outros?"

2 "Ouvi dizer que há cereais para vender no Egito. Descei e comprai mantimento para nós, a fim de que vivamos e não morramos!"

3 Então dez dos irmãos de José desceram ao Egito para adquirir trigo.

4 Quanto a Benjamim, o irmão de José, Jacó achou melhor não enviá-lo com os demais, porquanto dizia: "Para que não lhe suceda, acaso, alguma desgraça".

kuwo onke amanye amazwe, kodwa kulo lonke elaseJiputa kwakukho intlutha.

55Athe akulamba amaJiputa, aya kuzicelela ukutya kukumkani. Wathi ke yena makaye kuJosefu, aze enze loo nto awayalela yona.

56Yakhula indlala, yaligqiba lonke elaseJiputa. Wabavula ke oovimba uJosefu, wawathengisela ingqolowa amaJiputa.

57Babevela ngeenkalo zonke abantu elizweni, beze kuthenga ingqolowa kuJosefu, kuba indlala yayiligqugqisile lonke.

Eyeziqalo 42

Abantakwabo-Josefu baya kuthenga ingqolowa eJiputa

1UYakobi akuva ukuba iyafumaneka ingqolowa eJiputa, uthe koonyana bakhe: "Kutheni ninyabile nje?

2Ndivile mna ukuba iyafumaneka eJiputa ingqolowa. Yiyani kuyithenga khona, singafi yindlala."

3Banduluka ke abakhuluwa bakaJosefu abalishumi ukuya kuthenga ingqolowa eJiputa.

4Kodwa uYakobi akazange amthume kunye nabo uBhenjamin umninawa kaJosefu, kuba esoyika hleze ahlelwe yinto.

[5] Partiram, pois, os filhos de Israel para comprar alimentos, em meio a uma grande caravana de estrangeiros, porquanto a fome assolava toda a terra de Canaã.

[6] José era o governador do Egito e era ele quem vendia o mantimento a todo o povo da terra. Os irmãos de José chegaram e se prostraram diante dele, com a face junto ao chão.

[7] Logo que viu seus irmãos, José os reconheceu, mas agiu como se fosse estrangeiro para eles e lhes falou duramente e os inquiriu: "De onde vindes?" E eles responderam: "Da terra de Canaã, para comprar víveres, senhor!"

[8] Assim, José reconheceu seus irmãos, todavia eles não o reconheceram.

[9] Então José se lembrou dos sonhos que tivera a respeito deles e os questionou: "Vós sois espiões! É para verificar onde nossa terra está desprotegida que viestes!"

[10] Prontamente eles replicaram: "Não, meu senhor! Teus criados vieram tão-somente para comprar mantimentos.

[11] Somos todos filhos de um mesmo pai, somos sinceros, teus servos não são espiões!"

[12] Entretanto, José insistiu: "Não acredito! Foi para ver os pontos vulneráveis da terra que aqui viestes!"

[13] Eles justificaram: "Teus servos eram doze irmãos, nós somos filhos de um mesmo homem, na terra de Canaã: o mais novo está agora com nosso pai, e há um que não mais existe!"

[14] Mas José se mostrou inflexível: "É como eu vos disse: vós sois espiões!

[5]Oonyana bakaSirayeli bagaleleka kunye nabanye abathengi, kuba kwakukho indlala kulo lonke eKanana.

[6]UJosefu, umphathiswa waseJiputa, wayethengisela abantu beendawo ngeendawo ingqolowa. Bafika ke nabantakwabo, bakhahlela bequbuda ngobuso emhlabeni.

[7]Wathi akubabona abantakwabo uJosefu, wabanakana kwangoko, kodwa wazenza ongabaziyo. Wababuza rhabaxa wathi: "Nivela phi?" Bona bathi: "Sivela eKanana. Size kuthenga ukutya."

[8]Ngalo lonke eli xesha uJosefu wayebazi abantakwabo, kodwa bona babengamazi.

[9]Wakhumbula nalaa maphupha wayewaphupha ngabo,wathi kubo: "Nina niziimpimpi! Nizele nje ukuza kuhlola iindawo ezibuthathaka kwilizwe lethu."

[10]Bathe bona: "Hayi, nkosi, thina sizizicaka zakho nje ezize kuthenga ukutya.

[11]Singoonyana bomntu omnye sonke. Asizizo konke iimpimpi, mhlekazi. Singamadoda anyanisekileyo."

[12]Uthe uJosefu: "Hayi bo, andivumi! Ndithi kuni nina nize kuhlola eli lizwe lethu."

[13]Bathe bona: "Mhlekazi, thina kutata singamadoda alishumi linambini. Simi kwilizwe laseKanana. Omnye umntakwethu akasekho; untondo yena usele nexhego ekhaya."

[14]"Benditshilo, niziimpimpi nina!" utshilo uJosefu.

[15] Eis como sereis provados: pela vida do Faraó, não partireis daqui sem que primeiro venha o vosso irmão mais novo!
[16] Enviai um de vós para buscar vosso irmão; os demais ficam prisioneiros! Provareis vossas palavras, e se confirmará se a verdade está convosco ou não. Se não, pela vida do Faraó, sois espiões!”
[17] Contudo pôs a todos na prisão por três dias.

[18] No terceiro dia, José lhes propôs: “Eis o que fareis para terdes salva a vida, pois eu temo a Deus:

[19] Se sois sinceros, que um de vossos irmãos fique detido aqui na cadeia; quanto aos demais parti levando o mantimento de que vossas famílias necessitam.

[20] No entanto, trazei-me vosso irmão mais novo; assim, vossas palavras serão comprovadas e não morrereis!” E assim procederam eles.
[21] Antes, porém, comentaram uns com os outros: “Na verdade, somos culpados, e estamos sofrendo por conta do que fizemos com o nosso irmão. Nós vimos a sua aflição quando suplicava que tivéssemos misericórdia dele, contudo não nos importamos. Portanto, eis que chegou a nossa hora de passarmos por angústia!”
[22] E Rúben acrescentou: “Não vos recomendei para não cometerdes tamanha falta contra o menino? Mas vós não me ouvistes, e eis que se pede conta de seu sangue!”

[15]“Niyabona ke, ndiza kunivavanya ngolu hlobo: ndifung' ukumkani, anisayi kube nimke apha kude kuze loo mninawa wenu.
[16]Omnye wenu uza kuya kumphuthuma. Bonke abanye aba baza kuvalelwa elugcinweni, kude kuvele inyaniso yale nto niyithethayo. Ndifung' ukumkani, mna ndithi niziimpimpi nina.”
[17]Uthe ke mabavalelwe entolongweni iintsuku ezintathu.
[18]Ngolwesithathu usuku uJosefu wathi kubo: “Ndingumntu omoyikayo uThixo. Ke ndiza kunisindisa, kodwa phantsi kwalo mqathango:
[19]Ukuze ndiqonde ukuba ninyanisile omnye wenu uza kuhlala apha kule ntolongo benigcinwe kuyo, abanye bona bagoduke nengqolowa le niyithengileyo, bayise kuloo mawenu alambileyo.
[20]Kodwa kufuneka nimzise apha kum loo mninawa wenu yena. Loo nto iya kundibonisa ukuba beninyanisile, ndinganibulali ke.” Bavuma,

[21]kambe bethetha bodwa besithi: “Kunje-nje-nje kungenxa yento esayenza kumninawa wethu uJosefu. Asizange simhoye esibongoza ukuba simncede kwimbandezelo awayekuyo. Yiyo loo nto nathi sibandezelekile nje.”

[22]Uthe uRubhen: “Ndandingatshongo kuni ukuba ningayenzakalisi laa ntwana? Ke nina aneva. Nasi ke ngoku isiphumo: igazi lakhe liyathetha.”

[23] Falaram tudo isso sem suspeitar que José os pudesse compreender bem, posto que José havia conversado com eles mediante o auxílio de um intérprete.

[23]UJosefu wayeyiva into ababeyithetha, nto nje bona babengayazi loo nto, kuba yena wayethetha nabo ngetoliki.

[24] Nisso José retirou-se e começou a chorar. Assim que se restabeleceu emocionalmente, voltou para eles e lhes falou; tomou dentre eles a Simeão e mandou acorrentá-lo diante dos olhos de todos.

[24]Wee guququ uJosefu, wakha walila. Uthe akuba nako ukuthetha kwakhona, walatha uSimon, wathi makabotshwe bejongile.

Os irmãos de José voltam do Egito

Abakhuluwa bakaJosefu babuyela eKanana

[25] José deu ordem de encher de mantimentos suas sacas, de restituir o dinheiro de cada um em sua bolsa e lhes dar provisões para o caminho. E assim lhes foi feito.

[25]Wathi uJosefu mazizaliswe ngengqolowa iingxowa zabantakwabo, kufakwe nemali yomntu ngamnye engxoweni yakhe, banikwe nomphako wendlela. Yenziwa yonke loo nto.

[26] Os irmãos de José carregaram os jumentos com os víveres que haviam adquirido, e foram embora.

[26]Abakhuluwa bakhe bazilayisha ezimbongolweni iingxowa zabo, banduluka.

[27] Contudo, quando um deles, de noite, já no acampamento, abriu a saca de trigo para dar forragem a seu jumento, viu que seu dinheiro estava na boca da saca de trigo.

[27]Kwindawo ababekhulule kuyo ukuchitha ubusuku, omnye kubo wayivula ingxowa yakhe, eza kupha idonki yakhe ukutya, wafika imali ibekwe ngaphezulu.

[28] Então exclamou a seus irmãos: “Devolveram o meu dinheiro! Eis que está na minha saca de mantimentos! Tomados de grande pavor em seus corações, trêmulos murmuraram: “Que é isto que Deus nos fez?”

[28]Ubhekise kubantakwabo wathi: “Imali yam ibuyisiwe; nantsi engxoweni!” Bothuka kakhulu, bangcangcazela, bathi: “Yintoni le uThixo asenza yona!”

[29] Voltando para a casa de seu pai Jacó, na terra de Canaã, relataram-lhe tudo o que lhes sucedera, com estas palavras:

[29]Bakufika kuyise eKanana, bambalisela konke okwabehlelayo, besithi:

[30] “O homem que é governador de todo o Egito nos falou asperamente e nos acusou de termos entrado em suas terras como espiões.

[30]“Laa mphathiswa waseJiputa wathetha rhabaxa nathi, esithi siziimpimpi ezaziye kuhlola ilizwe labo.

[31] No entanto, nós lhe explicamos: 'Somos pessoas sinceras, não somos espiões.

[31]Samphedula sathi: 'Asizizo konke iimpimpi, koko singamadoda anyanisekileyo.

[32] nós éramos doze irmãos, filhos de um mesmo pai; um de nós não existe mais, e o mais novo está agora com nosso pai, na terra de Canaã'.

[32]Singoonyana bomntu omnye abalishumi elinambini bebonke. Nto nje omnye akasekho; yena untondo usele noyise eKanana.' "

[33] Contudo, esse homem que é senhor daquele país nos ordenou: 'Eis como saberei se sois mesmo sinceros: deixai sob minha custódia um de vossos irmãos, tomai o mantimento de que necessitam vossas famílias e parti;

[33]Baqokela bathi kuyise: "Yathi loo ndoda iphetheyo ukuphendula: 'Ukuze ndiqonde ukunyaniseka kwenu, makasale abe mnye, bagoduke abanye, baphathele amawenu alambayo ukutya.

[34] mas trazei-me vosso irmão caçula e saberei que verdadeiramente não sois espiões, mas que sois honestos. Sendo assim, eu vos devolverei vosso irmão e podereis circular e fazer negócios livremente nestas terras!"

[34]Kodwa ze nize nomninawa wenu kum. Nantso ke into eya kwenza ndiqonde ukuba ngenene anizizo iimpimpi. Ndomkhulula umntakwenu, nani namkeleke kweli lizwe.' "

[35] E aconteceu que, quando despejaram suas sacas, eis que cada qual tinha, em sua bagagem, sua própria bolsa de dinheiro. Quando eles e seu pai viram aquelas bolsas cheias de prata, ficaram aterrorizados.

[35]Bathi bakuzivula iingxowa zabo, bonke ngabanye bafumana kukho imali ezingxoweni. Bothuka, noyise wothuka.

[36] Então seu pai Jacó desabafou: "Vós me estais privando de meus filhos amados: José não existe mais, Simeão não existe mais e quereis tomar também a Benjamim! É sobre minhas costas que tudo isso recai!"

[36]Wathi kubo uYakobi: "Kutheni ngathi nifuna ndilahlekelwe ngabantwana bam bonke nje? Waya ngaphi uJosefu; ephi yena uSimon? Ngoku nifuna uBhenjamin! Kuyo yonke loo nto ndim obulalekayo."

[37] Contudo, Ruben ponderou a seu pai: "Podes tirar a vida de meus dois filhos se eu não o trouxer de volta. Deixa-o aos meus cuidados e eu o trarei de volta para o senhor!"

[37]URubhen uthe kuyise: "Ukuba andibuyanga noBhenjamin, uze ubabulale bobabini oonyana bam. Myeke ahambe nam; ndiza kubuya naye."

[38] Todavia, o pai lhe contestou: "Meu filho não descerá convosco: seu irmão morreu e ele ficou só. Se lhe suceder desgraça

[38]Wala uYakobi, esithi: "Hayi, akanako ukuhamba nani umntwanam. Umntakwabo wasweleka; selinguye yedwa ngoku oseleyo.

semelhante na viagem que ireis fazer? Na mais terrível aflição faríeis descer meus cabelos brancos ao Sheol, à sepultura!”

Usenokuhlelwa yinto endleleni. Noko sendaluphele ngoku; ingandibulala loo nto.”

Gênesis 43

Os irmãos de José descem outra vez ao Egito

[1] A fome continuava assolando toda a terra.

[2] Assim, quando as famílias de Jacó e dos seus filhos comeram todo o mantimento que tinha sido trazido do Egito, Jacó ordenou aos filhos: “Retornai às terras do Egito e comprai um pouco mais de víveres para nossas casas!”

[3] Então, Judá lhe lembrou: “Aquele homem poderoso nos advertiu expressamente: ‘Não sereis admitidos em minha presença, a menos que vosso irmão mais jovem esteja convosco!’

[4] Se estás preparado para deixar nosso irmão partir conosco, desceremos e compraremos comida para ti;

[5] mas se não lhe permitires partir conosco, também não iremos, pois o governador nos preveniu: “Não me vereis o rosto, se o vosso irmão caçula não vier convosco!’

[6] Diante disso, lhe replicou Israel: “Por que me fizestes esse mal, dando a saber àquele homem que tínheis um outro irmão?”

[7] E lhe justificaram: “O homem indagou sobre nós e nossa família, questionando: ‘Vosso pai ainda vive? Tendes um irmão?’ E nós tão somente respondemos às suas perguntas. Como poderíamos adivinhar que haveria de nos exigir: ‘Trazei, pois, esse vosso irmão’?”

[8] Então, Judá rogou a seu pai Israel: “Deixa ir comigo o menino. Vamos, ponhamo-nos

Eyeziqalo 43

Abakhuluwa bakaJosefu babuyela eJiputa behamba noBhenjamin

[1]Yathath' unyawo yona indlala eKanana.

[2]Kuthe kwakuba kuphele ingqolowa kwaYakobi eyayize noonyana bakhe eJiputa, wathi kubo uyise: “Buyani niye kusithengela into etyiwayo.”

[3]UJuda wathi: “Laa mfo wasinqonqozisa, esithi akafuni nokusibona oku ukuba asizanga naye uBhenjamin.

[4]Asikuya kuthenga kutya thina singahambi naye uBhenjamin.

[5]Ukuba ke uyala, nathi asiyi kuya, kuba laa mfo walitsolisa, wathi singaze sivele phambi kwakhe singahambi noBhenjamin.”

[6]USirayeli wathi: “Nindenzele ntoni into embi kangaka ngokuxelela laa mfo ukuba ninomnye umninawa?”

[7]Bathi: “Laa mfo wayesibuza, esigocagoca ngekhaya lethu, efuna ukwazi ukuba ubawo usaphila na, nokuba ngaba sinaye na omnye umntakwethu. Saza ke thina sayiphendula le mibuzo. Besiya kwazi njani ukuba wayeza kuthi makuziwe noBhenjamin?”

[8]UJuda wathi kuyise uSirayeli: “Yithi mayihambe nam le nkwenkwe, sinduluke

a caminho, para conservarmos a vida e não morrermos, nós, tu conosco e os nossos filhos e todas as nossas casas.

kwangoku, siye kuthenga ukutya, ukuze thina neentsapho zethu singafi yindlala.

[9] Eu assumo toda a responsabilidade sobre a vida dele. A mim pedirás conta de Benjamim: se me suceder o infortúnio de não o poder restituir e não o trouxer de volta diante de teus olhos, serei culpado durante toda a minha vida.

[9]Ukuba kukho nto yenzeka kuyo woyibuza apha kum. Ukuba andibuyanga nayo isaphila, ndiya kuthwala ityala bonke ubomi bam.

[10] Se não nos tivéssemos demorado tanto, já estaríamos de volta, pela segunda vez, sem dificuldades!”

[10]Ukuba besingalibazisanga kangaka ngesiye sabuya, nditsho sada saphinda okwesibini.”

[11] Então, seu pai, Jacó, orientou-o: “Se é necessário, portanto, fazei assim: tomai em vossas bagagens os melhores produtos de nossa terra para levardes como presente a esse homem poderoso, um pouco de bálsamo e um pouco de mel, algumas especiarias finas e mirra pura, um pouco de nozes de pistache e amêndoas.

[11]Uyise wathi kubo: “Xa kunjalo ke kulungile, phathani ezona ziphambili izinto ezivela kulo mhlaba, nise kumphathiswa lowo. Thathani intwana yentlaka yokuqhola, ubusi, intlaka emhlope, amakha, neembotyi zepistako, kunye neeamangile.

[12] Tomai convosco uma segunda quantia de dinheiro e levai de volta o dinheiro que foi depositado na boca de vossas sacas de trigo: é possível que tenha sido um descuido.

[12]Ze niphathe nemali ngokuphindiweyo, kuba kufuneka niyibuyisele leya beniyifumene ezingxoweni zenu. Mhlawumbi yayifakwe ngempazamo.

[13] Tomai também vosso irmão e parti, retornai para junto desse governador.

[13]Hambani naye ke umntakwenu, niye kuloo ndoda.

[14] Que El-Shaddai, Deus Todo-Poderoso, vos faça encontrar misericórdia junto desse homem poderoso e que ele vos permita trazer vosso outro irmão e Benjamim, de volta para casa. Quanto a mim, que eu perca meus filhos, se os devo perder!”

[14]Wanga uThixo uSomandla angayenza mhlophe indlela yenu, ize loo ndoda inenzele inceba, imbuyisele kuni uBhenjamin nalaa mntakwenu useleyo. Ukuba mna kufuneka ndilahlekelwe ngabantwana bam, kulungile.”

Os irmãos de José jantam com ele

[15] Os homens tomaram, pois, esses presentes, o dinheiro em dobro com eles, e Benjamim; partiram e desceram ao Egito e se apresentaram diante de José.

[15]Bazithatha ke izipho oonyana bakhe kunye nemali eyaneleyo, bahamba baya eJiputa kunye noBhenjamin. Bafika bazazisa kuJosefu.

[16] Quando José os viu com Benjamim, ordenou ao seu intendente: “Conduze esses homens à casa, abate um animal e prepara-o, porque esses homens comerão comigo ao meio-dia!”

[17] O servo administrador de José fez tudo exatamente como ele ordenara e conduziu os homens de Canaã à casa de José.

[18] Os irmãos de José muito se amedrontaram porquanto estavam sendo conduzidos à casa do poderoso do Egito, e comentaram entre si: “Certamente é por causa do dinheiro que voltou em nossas sacas de trigo, na primeira vez. Ele vai atacar-nos, subjugar-nos, tomar de nós os nossos escravos, jumentos e toda a bagagem que trouxemos!”

[19] Por esse motivo, dirigiram-se ao servo administrador da casa de José e lhe disseram:

[20] “Perdão, permita-nos falar, meu senhor! Nós descemos uma primeira vez para comprar víveres e,

[21] quando chegamos ao acampamento para o repouso da noite e abrimos nossas sacas de cereal, eis que o dinheiro que cada um de nós havia pago se achava de volta na boca de cada saca, nossas próprias moedas intactas e na quantia exata, portanto, o levamos conosco.

[22] Entretanto, nós o trouxemos de volta e mais outra quantia para comprar mantimentos. Nós realmente não sabemos quem colocou nosso dinheiro nas sacas de trigo!”

[23] Contudo, o servo administrador simplesmente lhes assegurou: “Ficai em

[16]UJosefu akubabona behamba noBhenjamin, wathi kwisicaka esiyintloko: “La madoda wase endlwini yam. Uze uxhele nokuxhela, khon' ukuze batye nam isidlo sasemini.”

[17]Senjenjalo ke isicaka ngokomyalelo kaJosefu.

[18]Ngeli xesha basiwa endlwini babesoyika, besithi: “Sibanjwa ngenxa yemali eyayifakwe ezingxoweni zethu. Uza kusihlasela, asibambe, sibe ngamakhoboka, athimbe needonki zethu.”

[19]Bathe ke, xa besesemnyango, babhekisa kwisicaka esiphetheyo, bathi:

[20]“Mhlekazi, bekhe seza kuthenga ukutya apha.

[21]Sithe sakumisa ngokuhlwa endleleni egodukayo, safumana loo mali besithenge ngayo isesezingxoweni zethu ngaphezulu. Size nayo ke loo mali.

[22]Siphethe nenye imali yokuthenga ukutya. Asazi ukuba yafakwa ngubani le mali ezingxoweni zethu.”

[23]“Khululekani, ningoyiki,” sitshilo isicaka. “Kunokuba loo mali yinyhweba evela

paz, e não tenhais medo! Foi o vosso Deus e o Deus de vosso pai quem vos colocou um tesouro nas sacas de cereal, pois recebi em minhas mãos toda a prata que pagastes". Em seguida, mandou soltar Simeão e o conduziu à presença deles.

kuThixo wenu, uThixo kayihlo. Mna ndayifumana intlawulo yenu." Saza sakhupha uSimon, samzisa kubo.

24 Depois os levou à casa de José, deu-lhes água para lavarem os pés e forragem para seus jumentos.

24 Sabangenisa endlwini kaJosefu isicaka. Sabanika amanzi, bahlamba iinyawo. Sapha needonki zabo into etyiwayo.

25 Eles então prepararam os presentes, aguardando que José viesse ao meio-dia, porque souberam que ali haveriam de almoçar.

25 Balungiselela ukunika uJosefu izipho ukufika kwakhe ngexesha lesidlo sasemini, kuba babesebexelelwe ukuba uza kutya kunye nabo.

26 Assim que José entrou na casa, ofereceram-lhe os presentes que tinham consigo e ajoelharam-se diante dele, encostando seus rostos no chão.

26 Akufika basa kuye izipho, bakhahlela, bawa ngobuso emhlabeni.

27 José os saudou amigavelmente e desejou saber: "Como está vosso velho pai, de quem me falastes: ele ainda vive?

27 Wababuza impilo, waza wathi: "Linjani na ixhego uyihlo enanindixelele ngaye? Usaphila na?"

28 Ao que lhe responderam: "Teu servo, nosso pai, está bem, ele ainda vive," e ajoelharam-se novamente, curvando seus rostos até o chão, em sinal de reverência.

28 Bathi bona: "Mhlekazi, ubawo isicaka sakho, usaphila." Batsho baguqa bezithoba phambi kwakhe.

29 Erguendo os olhos, José percebeu seu irmão Benjamim, o filho de sua mãe, e indagou: "É este o vosso irmão caçula, de quem me falastes?" E dirigindo-se a ele proferiu: "Que Deus te conceda graça, meu filho!"

29 UJosefu uthe akubona uBhenjamin umninawa wakhe: "Ngulo mninawa wenu ke lo benithetha ngaye? Lwanga ufefe lukaThixo lunganawe, mfo wam."

30 E José apressou-se em sair, porquanto suas entranhas se comoveram tremendamente por seu amado irmão, e não podia conter as lágrimas que afluíam aos seus olhos: entrou em seu quarto e ali chorou copiosamente.

30 UJosefu, esikwa yimfesane kukubona umninawa wakhe, ukhawuleze waphuma, waya kungena egumbini lakhe, kuba wayeseleza kulila. Wafika apho wakhe wagixa.

[31] Tendo lavado o rosto e restabelecido o semblante, voltou e, contendo-se, ordenou: “Servi a refeição!”
[32] Serviram-no à parte, eles à parte e à parte também os egípcios que comiam com ele, porquanto os egípcios não podem tomar suas refeições lado a lado com os hebreus: isso era um sacrilégio para eles.
[33] Seus irmãos foram colocados à mesa perante ele, por ordem de idade, do mais velho ao mais jovem, e olhavam perplexos uns para os outros.

[34] Então lhes serviram da comida da mesa de José, e a porção de Benjamim era cinco vezes maior do que a dos outros. E eles festejaram e beberam à vontade.

Gênesis 44

A astúcia de José para deter seus irmãos

[1] Depois José ordenou ao servo administrador de sua casa: “Enche de mantimento as bagagens desses homens, quanto puderem carregar, e põe toda a prata de cada um na boca de sua saca.
[2] Depois deposita a minha taça, a taça de prata, na boca da saca de cereal do irmão mais moço, junto com o dinheiro pago pelo mantimento!” E ele fez tudo exatamente de acordo com as ordens de José.

[3] Ao romper da aurora, foram despedidos os homens de Canaã com seus jumentos.

[4] Eles tinham apenas saído da cidade e não iam muito longe, quando José ordenou a seu servo administrador: “Levanta! Corre atrás desses homens, alcança-os e dize-lhes: ‘Por que pagastes o bem com o mal?’

[31]Akuba ebuhlambile ubuso, ubuyile, wazibamba, wathi makuphakwe.

[32]Wayetyela etafileni yakhe yedwa, bona abantakwabo bekweyabo bodwa. NamaJiputa awayelapho ayesitya odwa, kuba kwakungekho sikweni ukutya kunye namaHebhere.
[33]Oonyana bakaYakobi babehleli kwitafile ejongene nekaJosefu, bebekwe ngokuzana kwabo. Bathe bakuyibona indlela ababekwe ngayo etafileni, bajongana bethe manga.
[34]Babesitya ukutya okuvela etafileni kaJosefu. UBhenjamin yena waphiwa kakhulu kunabanye, ephindwe kahlanu. Batya ke, basela kunye noJosefu, bada bamnandi.

Eyeziqalo 44

Ukulahleka kwendebe

[1]UJosefu wathi kwisicaka esiyintloko emzini wakhe: “Zalisa ezi ngxowa zala madoda zithi ntli, uze ufake nemali yomntu ngamnye engxoweni yakhe,

[2]ufake nendebe yam yesiliva ngaphezulu engxoweni yomninawa wabo, kwakunye nemali yengqolowa.” Senjenjalo isicaka.

[3]Kwangentseni wabakhulula abantakwabo, bangena endleleni egodukayo, beqhuba iidonki zabo.

[4]Kwathi besekude kufuphi nedolophu, wathi uJosefu kwisicaka sakhe: “Khawuleza usukele laa madoda, uthi: ‘Kutheni nibuyisa ubuhle ngobubi?

[5] Não é esta a taça que o meu senhor usa para beber e para fazer adivinhações? Procedestes muito mal no que fizestes!'"

[5]Niyibele ntoni indebe yesiliva yenkosi yam? Yile kanye isela ngayo, ikwayile ivumisa ngayo. Ilihlazo le nto niyenzileyo.' "

[6] O servo de José os alcançou e lhes transmitiu essas palavras.

[6]Siwathethile ke la mazwi isicaka sakufika kubo.

[7] Mas eles replicaram prontamente: "Por que, meu senhor, nos falas dessa maneira? Longe de teus servos cometerem tamanha ofensa!

[7]Bathe bona: "Ungathini, mhlekazi, ukuthetha ngolu hlobo? Asikhange siyenze into enjalo konke-konke.

[8] Atentai para o que se passou: o dinheiro que tínhamos encontrado na boca de nossas sacas de trigo, tornamos a trazê-lo desde a terra de Canaã! Como teríamos nós roubado, da casa de teu senhor, prata ou ouro?

[8]Uyazi nawe ukuba nemali esayifumana ezingxoweni zethu ekhaya siyibuyisele kwakuwe. Singathini ke ngoku ukûba isiliva okanye igolide yenkosi yakho?

[9] Aquele de teus servos com quem encontrar o objeto será morto e nós mesmos nos tornaremos escravos de meu senhor!"

[9]Ukuba kukho onayo apha kuthi makabulawe, baze abanye babanjwe babe ngamakhoboka."

[10] Então o administrador concluiu: "Que seja como dissestes: aquele com quem se encontrar o objeto será meu escravo, e os demais estareis livres!"

[10]Sithe isicaka: "Ewe, kulungile, kodwa ngulo ifunyenwe kuye qha oya kubanjwa abe likhoboka; bonke abanye bangakhululeka."

[11] Imediatamente, cada qual pôs no chão sua saca de cereal e a abriu.

[11]Bazithule kwangoko iingxowa zabo, bazibeka phantsi, elowo wavula eyakhe.

[12] Ele a examinou, começando pelo mais velho e terminando na bagagem do mais novo, e a taça foi encontrada na saca de Benjamim!

[12]Sakhangelisisa isicaka sikaJosefu, siqala komkhlu sada saya kutsho koyena mncinane. Loo ndebe yafunyanwa engxoweni kaBhenjamin.

[13] Houve terrível comoção. Eles rasgaram as suas vestes e, carregados de novo os jumentos, foram conduzidos de volta à cidade.

[13]Baba lusizi kakhulu abantakwabo, batsho bakrazula nezambatho zabo, bayilayisha kwakhona imithwalo yabo, babuyela edolophini.

[14] Quando Judá e seus irmãos entraram na casa de José, este ainda estava ali, e eles prostraram-se por terra diante dele.

[14]Ukufika kwabo ooJuda nabantakwabo, bafika esesekhaya uJosefu. Bafika bakhahlela,

[15] José lhes inquiriu: “Que é isso que fizestes? Não sabeis que um homem como eu sabe adivinhar?”

A humilde súplica de Judá

[16] E Judá pronunciou-se: “Que diremos a meu senhor; como falar e como justificar-nos? Foi Deus quem mostrou a falta de teus servos. Eis-nos, pois, escravos de meu senhor, tanto nós quanto aquele nas mãos de quem se encontrou a taça!”

[17] Entretanto, ele retrucou: “Longe de mim agir assim! O homem nas mãos de quem se encontrou a taça será meu escravo; mas vós, retornai em paz à casa de vosso pai”.

[18] Então Judá, dirigindo-se a ele, disse: “Rogo-te, meu senhor, permite que teu servo faça ouvir uma palavra aos ouvidos de meu senhor, sem que tua cólera se inflame contra teu servo, pois tu és como o próprio Faraó!

[19] Meu senhor havia feito esta pergunta a seus servos: ‘Tendes ainda pai ou um irmão?’

[20] E respondemos a meu senhor: ‘Nós temos o velho pai e um irmão caçula, que lhe nasceu na velhice; morreu o irmão deste, ele ficou sendo o único filho de sua mãe e nosso pai o ama muito!’

[21] Então, disseste a teus servos: ‘Trazei-mo, para que ponha meus olhos sobre ele’.

[22] E nós explicamos a meu senhor: ‘O menino não pode se ausentar de seu pai; se ele deixar seu pai, este morrerá de desgosto’.

[23] Contudo, insististe junto a teus servos: ‘Se vosso irmão mais moço não descer

[15]wathi kubo uJosefu: “Niyenzeleni le nto? Beningazi kakade ukuba umntu okwesi sikhundla ndikuso uyakwazi ukuvumisa?”

[16]UJuda uthe: “Singathini kuwe, mhlekazi, ukukubonisa ukuba asazani nale nto? Singathini ukuzihlamba? NguThixo olaziyo ityala lethu. Thina sonke ngoku singamabanjwa, asinguye kuphela lo ifunyenwe kuye indebe yakho.”

[17]Uthe uJosefu: “Unongekhe; andiyivumi loo nto! Kuza kubanjwa lo ifunyenwe kuye indebe yam qha. Bonke abanye bangagoduka ngoxolo, babuyele kuyise.”

UJuda ucengela uBhenjamin

[18]UJuda wasondela kuJosefu, wafika wathi: “Ngxe, mhlekazi! Ndivumele ndithethe, nakuba ungangokumkani ngokwakhe.

[19]Wasibuza, mhlekazi, ukuba ngaba ubawo usaphila na, nokuba ngaba sinaye na umntakwethu ongomnye.

[20]Sathi ubawo usadla amazimba, phofu selaluphele. Satsho nokuthi sinaye nomninawa ovele selemdala ubawo. Umkhuluwa wale ntwana akasekho; yiyo yodwa ke ngoko esaphilayo kubantwana bakanina. Uyise uyithanda kakhulu.

[21]Wathi ke, mhlekazi, ze size nayo le ntwana khon' ukuze uyibone.

[22]Sathi thina ayinako ukwahlukana noyise; angafa.

[23]Wathi ke wena thina zicaka zakho ze singezi apha singahambi nale ntwana.

convosco, não sereis mais admitidos em minha presença'.

24 Quando, pois, retornamos à casa de teu servo, meu pai, nós lhe relatamos todas as palavras de meu senhor.

25 E quando nosso pai nos autorizou e disse: 'Voltai para comprar um pouco de víveres para nossas famílias',

26 respondemos: 'Não podemos descer. Não desceremos, a não ser que venha conosco nosso irmão caçula, porquanto não será possível sermos admitidos à presença daquele homem poderoso sem que nosso irmão mais moço esteja conosco'.

27 Então teu servo, meu pai, nos orientou: 'Vós bem sabeis que minha esposa só me deu dois filhos;

28 um me deixou e eu penso: foi esquartejado! E não o vi mais até hoje.

29 Se tirardes ainda este jovem de junto de mim, e lhe suceder alguma desgraça, sob a mais terrível aflição faríeis descer os meus cabelos brancos ao Sheol, à sepultura!'

30 Agora, portanto, se eu chego à casa de teu servo, meu pai, sem que esteja comigo o rapaz cuja alma está ligada à dele,

31 logo que vir que o jovem não está conosco, ele certamente morrerá, e teus servos na mais horrível aflição terão feito descer ao Sheol as cãs de teu servo, nosso pai.

32 E teu servo tornou-se responsável pelo menino junto de meu pai, nestes termos: 'Se eu não o restituir à nossa casa, suportarei essa culpa diante ti pelo resto da minha vida!'

24"Sathi sakufika kubawo samxelela konke owakuthethayo.

25Ubawo ubuye wasithuma ukuba siphinde size kufuna into etyiwayo.

26Samxelela sathi asinakuza apha, singenakwamkelwa, singezanga nayo le ntwana. Besingeza apha kuphela xa ngaba siza nayo.

27Wathi ubawo: 'Niyazi ukuba umkam uRakeli wandizalela oonyana ababini kuphela.

28Omnye unyana akasekho; kunokuba waqwengwa zizilwanyana, kuba akazange abonwe oko wemkayo.

29Xa ke nifuna ukuhamba naye nalo, aze angabuyi, ingandixhela loo nto ngoku sendimdala.'

30-31"Ke ngoko, mhlekazi," utshilo uJuda, "ukuba ndingabuyela ekhaya ingekho le ntwana, ubawo angafa zisuka nje xa aphawula ukuba ayikho. Akasenako ukwahlukana nale nkwenkwe. Selaluphele kangangokuba angafa.

32Ngaphezu koko ndafunga kubawo ndathi kungafa mna kunokuba kwenzeke into kule ntwana. Ndathi, ukuba andibuyanga nayo, ityala aze alibeke kum.

[33] Agora, aceita que teu servo fique como escravo do meu senhor no lugar do rapaz, e que este volte com seus irmãos.
[34] Como poderia eu retornar à casa de meu pai, sem ter comigo o jovem? Não quero ver a terrível infelicidade que se abaterá sobre meu pai!'

[33]Ke, mhlekazi, ndim oza kuhlala apha abe libanjwa endaweni yale ntwana. Yiyeke yona ibuyele ekhaya kunye nabakhuluwa bayo.

[34]Ndingathini ukubuyela ekhaya ngaphandle kwale ntwana? Andinako ukukubukela ukudandatheka kukabawo."

Gênesis 45

José dá-se a conhecer a seus irmãos

[1] Diante do apelo do irmão, José não pôde se conter e, na presença de todos os homens de seu séquito, bradou: "Fazei sair todos de minha presença!" E ninguém ficou junto dele, quando José se deu a conhecer a seus irmãos;
[2] entretanto, ele chorou tão alto que todos os egípcios o ouviram, e a notícia chegou rapidamente até o palácio do Faraó.
[3] José declarou a seus irmãos: "Eu sou José! Vive ainda meu pai?" E seus irmãos não conseguiram pronunciar resposta, pois estavam por demais conturbados e perplexos ao revê-lo.
[4] Então, disse José a seus irmãos: "Aproximai-vos de mim!" E eles se aproximaram. E esclareceu: "Eu sou José, vosso irmão que vendestes para o Egito.
[5] Mas agora não vos entristeçais nem vos amedronteis por me terdes vendido para cá, porque foi para preservar vossas vidas que Deus me enviou adiante de vós.
[6] Há dois anos, de fato, que a fome se instalou na terra e ainda haverá mais cinco anos sem semeadura nem colheita.
[7] Deus enviou-me adiante de vós para garantir a permanência da vossa descendência na terra e salvar as vossas

Eyeziqalo 45

UJosefu uyazazisa kubantakwabo

[1]UJosefu akabanga saba nako ukuzibamba. Wathi izicaka zakhe maziphume. Kwasala yena nabantakwabo. Wabaxelela ukuba ungubani na.

[2]Watsho ngesikhalo esaviwa ngamaJiputa, lwaza olo mingi-mingi lwaya kutsho nakomkhulu.

[3]Wenjenje uJosefu ukuthetha nabantakwabo: "NdinguJosefu. Nithi ubawo usaphila?" Bakukuva oko abantakwabo bothuka, ababi nako nokuthetha.

[4]Uthe uYosefu: "Sondelani." Basondela, wathi: "Ndingumntakwenu uJosefu enamthengisa eJiputa.

[5]Sanukukhathazeka okanye nizohlwaye ngenxa yokuba nandithengisa apha. NguThixo owathi mandinandulele, ukuze kusinde abantu.

[6]Lo isengowesibini unyaka wendlala; kuseza eminye emihlanu, kungàlinywa, kungàvunwa.

[7]NguThixo owathi mandize ngaphambi kwenu apha, ukuze nisinde ngale ndlela

vidas, como o livramento de um grandioso grupo de sobreviventes!

[8] Portanto, não fostes vós que me mandastes para o Egito mas, sim, Deus, e Ele me estabeleceu como Aba, pai do Faraó, seu vizir e administrador de todo o Egito.

[9] “Subi depressa à casa do meu pai e informai-lhe: ‘Assim fala teu filho José: Deus me estabeleceu senhor de todo o Egito. Desce sem tardar para junto de mim.

[10] Tu habitarás na terra de Gósen, e estarão em minha companhia, tu, teus filhos, teus netos, tuas ovelhas e teu gado, bem como tudo o que te pertence.

[11] Eu te sustentarei ali, porquanto ainda haverá sobre a terra cinco anos de muita fome. Do contrário, tu, a tua parentela e todos os teus rebanhos serão exterminados pela miséria!’

[12] Vedes com vossos próprios olhos, e meu irmão Benjamim vê, que é minha boca que vos anuncia.

[13] Narrai a meu pai toda a glória que tenho no Egito e tudo o que vistes, e apressai-vos em fazer meu pai descer para estas terras!”

[14] Então, ele se lançou ao pescoço de seu irmão Benjamim e chorou. Benjamim também o abraçou forte e chorou muito.

Faraó ouve falar dos irmãos de José

[15] Em seguida, ele cobriu de beijos todos os seus irmãos e, abraçando-os, expressava toda a sua emoção por meio de muitas lágrimas e gestos de carinho. Só depois de algum tempo os irmãos conseguiram conversar com ele.

imangalisayo, kusinde nenzala yenu ngangokuba ingako.

[8]Ayinini ke ngoko abandizisa apha, nguThixo. Nguye ondenze umphathiswa kakumkani ophethe lonke eli lizwe nolawula iJiputa iphela.

[9]“Ngoku ke khawulezani niye kubawo, nithi ndithi, mna Josefu unyana wakhe, uThixo undenze umlawuli weJiputa iphela. Makakhawuleze eze kum.

[10]Angema kulaa mmandla waseGoshen, apho aya kuba kufuphi nam. Makeze nabantwana bakhe, abazukulwana, iigusha, iibhokhwe, iinkomo, konke okwakhe.

[11]Ndombonelela elapho, kuba kusasele eminye iminyaka emihlanu yendlala, yaye andifuni afe yindlala, yena nendlu yakhe, nento yonke anayo.”

[12]Uqhube wathi uJosefu: “Niyaqonda ke nonke ngoku ukuba ndinguJosefu, nditsho nawe Bhenjamin.

[13]Ze nimxelele ubawo ngamagunya endinawo apha eJiputa, nimbalisele ngayo yonke into eniyibonileyo. Nikhawuleze ke, nize naye apha.”

[14]Wawola uBhenjamin umntakwabo, walila, noBhenjamin walila emgonile.

[15]Esalila njalo wabagona abantakwabo, wabancamisa. Baqala ukuncokola naye ke abantakwabo emva koko.

[16] A notícia de que os irmãos de José tinham vindo de Canaã logo chegou ao palácio do Faraó, e tanto o Faraó quanto seus conselheiros viram tal ocorrência com bons olhos.

[16]Zakuvakala komkhulu iindaba zokuba uJosefu ufikelwe ngabantakwabo, ukumkani namaphakathi bavuya.

[17] Assim, ofereceu o Faraó a José: “Dize a teus irmãos: ‘Fazei assim: carregai vossos animais e ide à terra de Canaã.

[17]Wathi kuJosefu: “Xelela abantakwenu ukuba balayishe ukutya kwabo, baye eKanana,

[18] Tomai vosso pai e vossas famílias e voltai para mim; eu vos darei a melhor terra do Egito e comereis da fartura da terra’.

[18]bafike apho baxelele uyihlo kunye neentsapho zenu ukuba bafudukele eJiputa. Ndobanika eyona ndawo ilungileyo kwelaseJiputa ukuba bahlale khona, babe nenxaxheba kwindyebo yalapha.”

[19] Quanto a ti, dá-lhes esta ordem: ‘Fazei como vos digo: levai da terra do Egito carruagens para que tragam os vossos filhos pequenos e vossas mulheres, tomai vosso pai e vinde todos.

[19]Wathi mabathathe neenqwelo zokufudusa iintsapho zabo, beze naye noyise.

[20] Não tenhais nenhum pesar pelo que deixardes para trás, porque será vosso o que há de melhor na terra do Egito!’”

[20]Watsho esithi: “Ze ningazixhamli ngezinto eziya kusala eKanana; niza kuzuza ezona zixabisekileyo apha eJiputa.”

[21] Como disse o rei, assim agiram os filhos de Israel. José lhes providenciou carruagens, de acordo com as instruções do Faraó, e lhes deu provisões para a viagem.

[21]Benza njengoko babeyalelwe oonyana bakaSirayeli. Banikwa iinqwelo nguJosefu ngokomyalelo kakumkani, kwakunye nomphako.

[22] A cada um deles deu uma roupa para uso em grandes festas, mas a Benjamim deu trezentas peças de prata e cinco mudas de roupas de gala.

[22]Elowo wamnika iimpahla ezintsha zokunxiba, kodwa yena uBhenjamin wamnika amakhulu amathathu eesiliva neempahla zaphindwa kahlanu kwezabanye.

[23] A seu pai enviou dez jumentos carregados com os melhores produtos do Egito e dez jumentas carregadas de cereais, pão e víveres para a viagem de seu pai.

[23]Wathumela uyise ishumi leedonki lithwele ezona mpahla zodidi zaseJiputa, neshumi leemazi zeedonki zithwele ingqolowa, izonka, nokunye ukutya komphako.

[24] Depois despediu seus irmãos, que partiram, não antes que lhes advertisse: “Não contendais uns com os outros pelo caminho!”

[24]Wabandulula abantakwabo, bemka. Wabayala esithi: “Ze ningalwi endleleni.”

[25] Eles subiram, pois, das regiões do Egito, e chegaram à terra de Canaã, à casa de seu pai Jacó.

[26] Então eles lhe anunciaram: "José ainda vive, é ele quem governa toda a terra do Egito!" O coração de Jacó quase parou com o choque da notícia! Não podia acreditar no que estava ouvindo.

[27] No entanto, quando repetiram toda a história e as palavras que José formalmente lhes rogara que transmitissem, e quando observou as finas carruagens que José enviara para levá-lo, então se reanimou o espírito de seu pai Jacó.

[28] E Israel exclamou: "Basta! José, meu amado filho, ainda está vivo! Que eu vá imediatamente vê-lo antes de morrer!

Gênesis 46

Jacó e toda a sua família descem ao Egito

[1] Israel partiu com tudo o que possuía.

[2] Naquela mesma noite, Deus falou com ele por meio de uma visão e o chamou: "Jacó! Jacó!" E ele respondeu: "Eis-me aqui!"

[3] Então Deus continuou: "Eu Sou Deus, o Deus de teu pai. Não tenhas medo de descer ao Egito, porque lá Eu farei de ti uma grande nação.

[4] Eu mesmo descerei contigo ao Egito, e também Eu te farei subir e voltar a Canaã. E a mão de José fechará os teus olhos".

[5] Jacó partiu de Berseba, e os filhos de Israel levaram seu velho pai Jacó, seus

[25]Banduluka eJiputa, baya kufika eKanana kuyise.

[26]Bafika bathi: "UJosefu uyaphila! Nguye umphathiswa waseJiputa!" Wathi nqa yiloo nto uYakobi, engakholwa.

[27]Bakumxelela konke okwathethwa nguJosefu, wazibona neenqwelo awayezithumele, watsho wahlaziyeka emphefumlweni.

[28]USirayeli wathi: "Usaphila uJosefu umntwanam! Nantso nje qha into endiyifunayo: mandiye kumbona ndingekafi."

Eyeziqalo 46

UYakobi ufudukela eJiputa nomzi wakhe

[1]USirayeli wathatha konke okwakhe wahamba, waya kutsho eBheshebha, apho wafika wenzela uThixo kayise uIsake idini.

[2]UThixo wathetha naye ngephupha wathi: "Yakobi!" Wasabela uYakobi wathi: "Ndim lo!" Wenjenje uThixo ukuthetha naye:

[3]"Mna ndinguThixo kayihlo. Uzungoyiki ukuya eJiputa; kulapho inzala yakho ndiya kuyenza isizwe esikhulu.

[4]Ndiya kuya nawe eJiputa, ndibuye ndiyibuyisele kwalapha inzala yakho. UJosefu uya kukucima amehlo ukubhubha kwakho."

[5]Wanduluka eBheshebha uYakobi. Yena, nabantwana boonyana bakhe, kunye

filhos e as suas mulheres nas finas carruagens que o rei lhes havia provido.

[6] Também levaram seus rebanhos e os bens que tinham adquirido em Canaã. Assim, Jacó foi para o Egito com toda a sua parentela.

[7] Levou consigo para o Egito seus filhos, seus netos, suas filhas e suas netas, isto é, todos os seus descendentes até aquele momento.

[8] Estes são os nomes dos israelitas, ou seja, Jacó e seus parentes, que seguiram para viver no Egito: Rúben, o filho primogênito de Jacó.

[9] E estes foram os filhos de Rúben: Enoque, Palu, Hezrom e Carmi.

[10] Estes foram os filhos de Simeão: Jemuel, Jamim, Oade, Jaquim, Zoar e Saul, filho que teve com uma mulher cananeia.

[11] Estes foram os filhos de Levi: Gérson, Coate e Merari.

[12] Estes foram os filhos de Judá: Er, Onã, Selá, Perez e Zerá. Er e Onã morreram na terra de Canaã. Estes foram os filhos de Perez: Hezrom e Hamul.

[13] Estes foram os filhos de Issacar: Tola, Puva, Jó e Sinrom.

[14] Estes foram os filhos de Zebulom: Serede, Elom e Jaleel.

[15] Foram esses os filhos que Lia deu a Jacó em Padã-Arã, além de sua filha Diná. Seus descendentes eram ao todo trinta e três pessoas.

nabafazi babo, babekhwele kwiinqwelo ezazithunyelwe ngukumkani waseJiputa.

[6]Baqhuba iinkomo zabo nako konke okwabo abakufumana eKanana, bahamba nako, baya eJiputa. UYakobi wahamba nosapho lwakhe lonke:

[7]oonyana bakhe, abantwana babo, iintombi zakhe, kunye nabazukulwana bakhe.

[8]Ngawo la amagama amaSirayeli, inzala kaYakobi, eyangenayo eJiputa kunye naye.

[9]YayinguRubhen, izibulo, kunye noonyana bakhe: uHanoki, noPalu, noHezeron, noKarmi.

[10]USimon noonyana bakhe: uJemuweli noJamin, uOhadi noJakin noZoware, kwakunye noShawule, owayezelwe ngumKananakazi.

[11]ULevi noonyana bakhe: uGershon noKohati kunye noMerari.

[12]UJuda kunye noonyana bakhe: uShela, noPerezi, noZera. Abanye oonyana bakaJuda, uEre no-Onan, batsahabalala eKanana. UPerezi wanoonyana abanguHezeron kunye noHamuli.

[13]UIsakare yena wangena noonyana bakhe: uTola, noPuwa, noYashubhi, kunye noShimron.

[14]UZebhulon naye wangena noonyana bakhe: uZerede, noElon, kunye noYaleli.

[15]Ngoonyana abazalwa nguLeya aba, kunye nodade wabo uDayina, besesePadan-aram. Bebonke abantwana abangumlibo

16 Estes foram os filhos de Gade: Zifiom, Hagi, Suni, Esbom, Eri, Arodi e Areli.

17 Estes foram os filhos de Aser: Imna, Isvá, Isvi e Berias, e a irmã deles, Sera. Estes foram os filhos de Berias: Héber e Malquiel.

18 Essas dezesseis pessoas foram os descendentes de Jacó e Zilpa, a escrava que Labão deu a sua filha Lia.

19 Raquel, esposa de Jacó, deu à luz dois filhos: José e Benjamim.

20 Azenate, filha de Potífera, sacerdote de Om, deu dois filhos a José no Egito: Manassés e Efraim.

21 Estes foram os filhos de Benjamim: Belá, Béquer, Asbel, Gera, Naamã, Eí, Rôs, Mupim, Hupim e Arde.

22 Portanto, foram esses os catorze descendentes que Raquel deu a Jacó.

23 O filho de Dã foi Husim.

24 Estes foram os filhos de Naftali: Jazeel, Guni, Jezer e Silém.

25 Foram esses os sete descendentes que Bila, escrava que Labão ofertou à sua filha Raquel, deu a Jacó.

26 Todos os que foram para o Egito com Jacó, todos os seus descendentes, sem contar as mulheres de seus filhos, totalizaram sessenta e seis pessoas.

27 Os filhos de José que nasceram no Egito eram em número de dois. E o total das

kaLeya babengamashumi mathathu anantathu.

16UGadi naye wangena noonyana bakhe: uZefon noHagi noShuni, uEzebhon noEri noArodi, kunye noAreli.

17UAshere wangena noonyana bakhe: uImna noIshwa, kunye noIshvi noBheriya, kwakunye nodade wabo uSera. Oonyana bakaBheriya yayinguHebhere kunye noMalekiyeli.

18Aba bantwana abalishumi linantandathu ngabomlibo kaZilipha, impelesi kaLeya awayeyinikwe nguLabhan.

19URakeli umka-Yakobi wayezele oonyana ababini, uJosefu noBhenjamin.

20UJosefu eJiputa wayenoonyana ababini, uManase noEfrayim. Babezelwe nguAsenati intombi kaPotifare umbingeleli waseOni.

21Oonyana bakaBhenjamin yayinguBhela noBhekere, uAshbhele noGera noNaman, uEli noRoshe, uMupim noHupim kunye noArdi.

22Eli shumi linane ke ngumlibo kaRakeli.

23Wayekho noDan kunye nonyana wakhe uHushim;

24noNafetali kunye noonyana bakhe uJazeli noGuni, uYezere kunye noShilem.

25Aba basixhenxe ngumlibo kaBhiliya, impelesi kaRakeli awayinikwa nguyise uLabhan.

26Inani lenzala kaYakobi nqo elaya eJiputa ngamashumi mathandathu anantandathu, ngaphandle koomolokazana bakhe.

27UJosefu wayezele oonyana ababini eJiputa. Loo nto yenza amashumi

pessoas da família de Jacó que vieram para morar no Egito: setenta.

O encontro de José com seu pai

[28] Ora, Israel enviou Judá na frente, a José, com o objetivo de saber como ir a Gósen. Quando lá chegaram,

[29] José, de carruagem real já preparada, partiu imediatamente para Gósen, a fim de encontrar-se com seu pai, Israel. Assim que o viu, correu para abraçá-lo e, abraçando-o com grande emoção, chorou longamente.

[30] Então, Israel declarou a José: "Agora, pois, já posso morrer em paz, porquanto vi o teu rosto e sei que ainda estás vivo!"

[31] Em seguida, José informou a seus irmãos e à família de seu pai: "Vou subir para comunicar ao Faraó e lhe dizer: 'Eis que meus irmãos e a família de meu pai que estavam na terra de Canaã, acabam de chegar para se estabelecer junto de mim.

[32] Estes homens são pastores, portanto, dedicam-se ao cuidado de rebanhos e trouxeram consigo suas ovelhas, seu gado e tudo quanto lhes pertence.'

[33] Quando o Faraó mandar vos chamar e vos indagar: 'Qual é o vosso trabalho?',

[34] vós respondereis: 'Teus servos se ocupam da criação e pastoreio de rebanhos desde crianças, assim como fizeram nossos antepassados'. Desse modo lhes será oferecida plena liberdade para habitar e trabalhar na região de Gósen, pois os egípcios renegavam o trabalho do pastoreio às castas inferiores de sua sociedade.

Gênesis 47

José anuncia a Faraó a chegada de seu pai

asixhenxe abantu bomzi kaYakobi abaya eJiputa.

[28]UYakobi wathi uJuda makaye kuxelela uJosefu ukuba makabahlangabeze eGoshen. Bakuba befikile eGoshen,

[29]uJosefu wakhwela enqwelweni, waya kukhawulela uyise uSirayeli. Uthe akubona uyise, uJosefu waziphosa kuye, wamanga, walila ithuba elide.

[30]Uthe uSirayeli kuJosefu: "Nokuba ndingafa ngoku ndikubonile usaphila, kulungile."

[31]UJosefu ubhekise kubantakwabo nakumawabo wathi: "Ndiza kukha ndiye kuxelela ukumkani ukuba ubawo nabantakwethu ababefudula beseKanana, bafikile,

[32]ndithi kuye: 'Bangabathandi bemfuyo, yaye ke beze nayo yonke impahla yabo nako konke okwabo.'

[33]Ke nina xa nibizwe ngukumkani, wanibuza ngomsebenzi eniwenzayo,

[34]ze nithi: 'Singamathanda-mfuyo kwasebuncinaneni bethu, kanye njengookhokho bethu.' Ukuba nitshilo, ukumkani woniyeka nime eGoshen. Kaloku abantu abathanda imfuyo abazelwe nto apha eJiputa."

Eyeziqalo 47

UJosefu wazisa amawabo kukumkani

[1] Então José foi dar as notícias ao rei, da seguinte maneira: "Meu pai e meus irmãos chegaram da terra de Canaã, com suas ovelhas e seus bois e tudo o que lhes pertence; eis que estão na terra de Gósen!"

[2] José tomara cinco de seus irmãos e os apresentou ao Faraó.

[3] E este perguntou a seus irmãos: "Qual é o vosso trabalho?" E eles prontamente responderam: "Teus servos são pastores, tanto como os nossos antepassados".

[4] E eles acrescentaram: "Viemos habitar nesta terra porque não há mais pastagem para os rebanhos de teus servos: a fome, com efeito, assola a terra de Canaã. Permite agora, ó rei, que teus servos vivam na terra de Gósen".

[5] Então o Faraó declarou a José: "Teu pai e teus irmãos vieram a ti.

[6] A terra do Egito, portanto, vos é hospitaleira e está à vossa disposição; no melhor da terra faze habitar teu pai e teus irmãos; vivam, pois, na terra de Gósen!" E acrescentou: "Se sabes haver entre eles homens capazes, põe-nos por administradores de meus próprios rebanhos!"

[7] Então, José levou seu pai Jacó ao Faraó e o apresentou a ele. Depois Jacó abençoou o Faraó,

[8] e este lhe indagou: "Quanto são teus anos de vida, meu senhor?"

[9] E Israel afirmou ao Faraó: "Os anos de minha peregrinação sobre a terra são cento e trinta; meus anos sobre a terra se constituíram numa caminhada muito difícil

[1]UJosefu ke waya kumbikela ukumkani, wathi: "Ubawo ufikile; uze nabo bonke abantakwethu, evela eKanana. Uze nako konke okwakhe, yaye nanko elinde eGoshen."

[2]UJosefu uthathe abahlanu kubakhuluwa bakhe, wabasa kukumkani.

[3]Ukumkani wababuza wathi: "Msebenzi mni na eniwenzayo?" Bathe bona: "Thina zicaka zakho singamathanda-mfuyo, mhlekazi, kanye njengookhokho bethu."

[4]Baza bathi: "Imbangi yokufudukela kwethu eJiputa yimbalela eyatsho angumqwebedu amadlelo eKanana. Ngako oko izicaka zakho ziyacela ukuba uzivumele zime apha eGoshen."

[5]Ukumkani ubhekise kuJosefu wathi: "Uyihlo nabantakwenu

[6]beseJiputa nje, bakowabo; bangahlala apho eGoshen, eyona ndawo inomhlaba otyebileyo. Ukuba kukho amadoda angamachule phakati kwenu, uzuwenze abelusi bemihlambi yam."

[7]UJosefu ke weza noyise, wamazisa kukumkani, waza uYakobi wamthamsanqelisa ukumkani.

[8]Ukumkani wabuza wathi: "Umdala kangakanani na?"

[9]Uthe uYakobi: "Ubomi bam ndihamba-hamba kulo mhlaba bube yiminyaka elikhulu limashumi mathathu. Loo minyaka imbàlwa ibiyiminyaka enzima, engafaniyo

e não se comparam à longevidade da peregrinação dos meus antepassados”.

10 Dito isso, Jacó abençoou o Faraó e retirou-se.

11 José instalou seu pai e seus irmãos e lhes deu uma propriedade nas terras do Egito, na melhor região, na terra de Ramessés, como ordenara o Faraó.

12 Providenciou José, ainda, alimento para seu pai, para seus irmãos e para toda a sua família, de acordo com o número de filhos de cada um.

Como José comprou toda a terra do Egito para Faraó

13 Não havia alimento em toda a terra, porquanto a fome tornara-se ainda mais rigorosa, e tanto o Egito como Canaã desfaleciam sem ter o que comer.

14 José recolheu toda a prata que circulava no Egito e em Canaã, usada como dinheiro no pagamento do cereal que os povos vinham comprar, e o transferiu para o palácio do Faraó.

15 Quando se esgotou toda a prata do Egito e de Canaã, todos os egípcios foram suplicar a José: “Dá-nos pão! Por que deveríamos morrer sob tua vista? Pois não há mais dinheiro algum!”

16 Então, José orientou-os: “Trazei vossos rebanhos e vos darei trigo em troca dos vossos rebanhos, considerando que a vossa prata acabou!”

17 E as populações trouxeram seus rebanhos a José e este lhes deu trigo para o pão, em troca de cavalos, de ovelhas, de bois e de jumentos; naquele ano ele os sustentou de pão, em troca de rebanhos.

neminyaka emininzi ababengabahambi ngayo kulo mhlaba ookhokho.”

10UYakobi ubuye wamthamsanqelisa ukumkani, waza ke wemka.

11UJosefu ke wabakhethela indawo etyebileyo ooyise nabantakwabo phaya ngakulaa dolophu iRamesi njengokutsho kukakumkani.

12Wabazisela ukutya uJosefu xa bebonke ngokwenani labantwana babo: uyise, abantakwabo, nayo yonke intsapho.

Indlala

13Yaligqugqisa indlala, kwaphela ukutya, bafa yindlala abantu baseJiputa naseKanana.

14-15UJosefu wayeyiqokelela yonke imali ekwakuthengwa ngayo ingqolowa, ayise ebhotwe. Yaphela yonke imali eJiputa naseKanana. AmaJiputa ayesiya kuJosefu athi: “Siphe ukutya. Ungathini ukusiyeka sife yindlala, sibe singenayo nemali?”

16UJosefu wayesithi: “Yizani nemfuyo yenu, nananise ngayo xa imali yenu iphelile.”

17Babeyisa ke imfuyo yabo kuJosefu, aze yena abanike ingqolowa endaweni yamahashe, neegusha, neebokhwe, neenkomo, kunye needonki. Kuloo nyaka wabanceda ngokutya, bona besananisa ngayo yonke imfuyo yabo.

[18] Quando terminou aquele ano, no novo ano voltaram a ele e argumentaram: “Não podemos ocultá-lo a meu senhor: esgotou-se, na verdade, todo o nosso dinheiro e todos os animais dos nossos rebanhos já pertencem a meu senhor, nada mais resta à disposição de meu senhor senão nossos próprios corpos enfraquecidos e nossas terras áridas.

[18]Kunyaka olandelayo baya kuye bathi: “Sitsho phandle, mhlekazi, ukuthi imali yethu iphelile, nemfuyo yethu iphelele kuwe, yaye asinanto ngaphandle kweziqu zethu namasimi ethu.

[19] Não permitas que morramos e que nossas terras sejam destruídas diante de teus olhos! Compra-nos, pois, a nós e compra também as nossas terras em troca de trigo, e nós, com as nossas terras seremos escravos do Faraó. Dá-nos sementes para que sobrevivamos e não morramos de fome, a fim de que a terra não fique desolada!”

[19]Singathini ukutshabalala ujongile, mhlekazi, thina namasimi ethu? Sananisa ngeziqu zethu namasimi ethu ukuze sifumane ukutya. Njalo ke thina namasimi ethu soba ngabakakumkani. Sinike ingqolowa ukuze sitye siphile, sibe nembewu yokuhlwayela.”

[20] Comprou, assim, José, para o Faraó, todos os terrenos do Egito, pois os egípcios venderam a si próprios e seus campos, porquanto a fome os obrigou a essa medida extrema. A terra, portanto, tornou-se numa só e absoluta propriedade do Faraó.

[20]UJosefu wawathenga ke onke amasimi aseJiputa aba ngakakumkani. UmJiputa wonke wathengisa ngentsimi yakhe ngenxa yendlala, aba ke ngakakumkani onke loo masimi abo.

[21] Quanto ao povo, José submeteu todos os homens e mulheres à escravidão, de uma à outra extremidade das terras do Egito.

[21]Bonke abemi baseJiputa wabenza izicaka uJosefu kulo lonke elo.

[22] Somente as terras dos sacerdotes não foram adquiridas por José, porquanto, pela lei vigente, esses recebiam sustento regular do Faraó, e disso viviam. Por esse motivo, não tiveram necessidade de vender suas terras.

[22]Ngumhlaba wababingeleli kuphela angazange awuthenge. Bona kwakungekho mfuneko yokuba bawuthengise owabo umhlaba, kuba babefumana inkxaso eyaneleyo ngokommiselo kakumkani.

[23] Então, José comunicou ao povo: “Agora, portanto, eu vos comprei para o Faraó, juntamente com vossos terrenos. Eis aqui as sementes para que cultiveis as terras.

[23]UJosefu wathi ebantwini: “Ngoku ningabakakumkani, kuba ndinithengile kunye namasimi enu. Nantsi ke imbewu; yiyani kulima.

[24] No entanto, das colheitas realizadas, deveis dar um quinto ao Faraó, e as outras quatro partes serão vossas, para a semeadura do campo, para o vosso sustento e o de vossa família, para que se alimentem vossos filhos!”

[24]Ngexesha lokuvuna ze ninikele isihlanu sesivuno senu kukumkani. Okuseleyo ze nikusebenzisele imbewu nokutya kokondla iintsapho zenu.”

[25] E o povo em uníssono lhe replicou: “Tu nos salvaste a vida! Visto que nos favoreceste nesta hora, seremos para sempre escravos do Faraó!”

[25]Bathe ke bona: “Mhlekazi, usincedile, wasisindisa ekufeni; siya kumsebenzela ukumkani.”

[26] Desse modo, quanto à terra, José fundou e estabeleceu o seguinte decreto em todo o Egito, válido ainda em nossos dias: um quinto de toda a produção pertence ao rei. Somente as terras sacerdotais não se tornaram propriedade do Faraó.

[26]Wawisa umthetho uJosefu wokuba isihlanu sesivuno eJiputa sibe sesikakumkani. Loo mthetho usekho unanamhla oku. Ngamasimi ababingeleli angazange abe ngakakumkani.

UYakobi uyolela ngamathambo akhe

[27] Os israelitas se estabeleceram no Egito, na região de Gósen. Lá compraram suas propriedades, foram fecundos e tornaram-se uma população extremamente numerosa.

[27]AmaSirayeli ayemi eGoshen eJiputa. Apho aba nendyebo, anda kakhulu.

[28] Israel viveu dezessete anos no Egito, e os anos da sua vida chegaram a cento e quarenta e sete.

[28]Wahlala apho eJiputa uYakobi, wada wanekhulu linamashumi mane anesixhenxe eminyaka, selegqibe ishumi linesixhenxe leminyaka eJiputa.

[29] Chegando próximo da hora de sua morte, Jacó solicitou a presença de seu filho amado José e rogou-lhe: “Se desejas alegrar-me o coração, põe tua mão debaixo da minha coxa e promete que serás generoso e fiel comigo: Não me sepultarás no Egito!

[29]Kuthe xa seleza kubhubha, uSirayeli wabiza uJosefu unyana wakhe, wathi kuye: “Ukuba uyandithanda beka isandla sakho phantsi kwethanga lam ufunge ukuba akusayi kundingcwabela eJiputa.

[30] Quando eu morrer e já estiver dormindo com meus pais, tu levarás o meu corpo do Egito e me depositarás no túmulo de meus antepassados, a fim de que eu descanse com

[30]Uze undithwale uye kundingcwabela apho bangcwatywe khona ookhokho bam.” Wathi uJosefu: “Ndiya kwenjenjalo.”

eles!" E José consentiu: "Farei tudo conforme a tua palavra!"

[31] Contudo, Jacó insistiu: "Jura-me!" E José lhe jurou, enquanto Israel inclinava-se apoiado em seu bordão.

[31]Wathi uSirayeli: "Funga." Wafunga uJosefu, waza uSirayeli wanqula uThixo ebambelele kumsimelelo wakhe.

Gênesis 48

Jacó adoece

[1] Algum tempo depois, disseram a José que seu pai estava doente. Então, José foi visitá-lo, levando consigo seus dois filhos, Efraim e Manassés.

[2] Assim que se anunciou a Jacó: "Eis aqui teu filho José, que veio para junto de ti", Israel reuniu suas forças e sentou-se no leito.

[3] Depois Israel declarou a José: "El-Shaddai, o Deus Todo-Poderoso, me apareceu certa ocasião, na cidade de Luz, lá nas terras de Canaã, e ali me abençoou,

[4] dizendo: 'Eu te tornarei fecundo e te multiplicarei, Eu farei de ti uma grande comunidade de povos e darei esta terra por propriedade aos teus descendentes'.

[5] Agora, portanto, os dois filhos que te nasceram na terra do Egito, antes que eu viesse para junto de ti no Egito, serão meus! Efraim e Manassés serão meus; como Rúben e Simeão.

[6] Quanto aos filhos que gerarás depois deles, serão teus; em nome de seus irmãos receberão a herança.

[7] Quando eu retornava de Padã, para minha infelicidade, tua mãe Raquel morreu na terra de Canaã, em viagem, a pouca distância de Efrata. Eu a sepultei ali, ao lado do caminho para Efrata, que é Belém!"

Eyeziqalo 48

UYakobi uthamsanqelisa uEfrayim noManase

[1]Emva kwexesha uJosefu waxelelwa ukuba uyise wayengaphilanga. Uthathe oonyana bakhe bobabini, uManase noEfrayim, waya nabo kuYakobi.

[2]Akuva uSirayeli ukuba unyana wakhe uJosefu wayeze kumbona, wazomeleza wavuka wahlala emandlalweni.

[3]UYakobi ubalisele uJosefu wathi: "UThixo uSomandla wavela kum ndiseLuzi kwilizwe laseKanana, wandithamsanqelisa.

[4]Wathi: 'Ndiya kukupha inzala eninzi, ize loo nzala ibe zizizwe ngezizwe. Ndokunika lo mhlaba, ube lilifa lenzala yakho naphakade.' "

[5]Uqokele wathi uYakobi: "Naba nyana bakho ke babini, Josefu, aba bazalelwe apha eJiputa ndingekafiki, ngabam. UEfrayim noManase ngoonyana bam ncam njengoRubhen noSimon.

[6]Xa uthe wazala nyana bambi, abo ke abayi kuba ngabam. Elabo ilifa bolizuza ngoManase noEfrayim.

[7]Le nto ndiyenza ngenxa kanyoko uRakeli. Ndaba buhlungu kakhulu ukubhubha kwakhe eKanana, kufuphi ne-Efrata, xa ndandivela ePadan. Ndamngcwaba apho ngakuloo ndlela iya e-Efrata." (IEfrata yaziwa ngokuba yiBhetelehem.)

[8] Assim que Jacó viu os filhos de José, indagou: "Quem são estes?"
[9] Ao que respondeu José a seu pai: "São os filhos que Deus me deu aqui!" Então, Jacó solicitou: "Traze-os para mais perto de mim, a fim de que eu os abençoe".
[10] Ora, os olhos de Jacó estavam muito enfraquecidos pela velhice; ele já não enxergava bem. José levou os rapazes para mais próximo dele, que os beijou e os abraçou com carinho e emoção.

Jacó abençoa José e os filhos deste

[11] Então, Jacó declarou a José: "A mim, que não tinha mais a esperança de rever teu rosto, eis que Deus me concede a benção de ver até teus descendentes!"
[12] Então, José os retirou de seu colo e prostrou-se com o rosto em terra.
[13] José tomou a ambos, a Efraim, com sua mão direita para que ficasse à esquerda de Israel; e a Manassés, com a mão esquerda, a fim de que permanecesse à direita de Israel, e os aproximou dele.
[14] Contudo, Israel estendeu a mão direita e a colocou sobre a cabeça de Efraim, que era o filho caçula, e a mão esquerda sobre a cabeça de Manassés, tendo de cruzar as mãos, mesmo considerando que o primogênito fosse Manassés.
[15] E abençoou a José, com as seguintes palavras: "Que o Deus, a quem serviram meus pais Abraão e Isaque, o Deus que tem sido o meu Pastor em toda a minha peregrinação pela vida, até o dia de hoje,
[16] o Anjo que me redimiu e salvou de todo o mal, agora abençoe estes meninos. Sejam eles chamados pelo meu nome e pelos

[8]Uthe uSirayeli akubona oonyana bakaJosefu: "Ngoobani la makhwenkwe?"
[9]Uthe kuyise uJosefu: "Aba ngoonyana bam, andiphe bona uThixo apha eJiputa." Uthe yena: "Basondeze kum, ndibathamsanqelise."

[10]USirayeli wayeselebona luzizi, kuba wayeselaluphele, engasaboni kakuhle ke ngoko. Wabasondeza ke uJosefu oonyana bakhe, uSirayeli wabanga.

[11]Uthe uYakobi kuJosefu: "Bendingasatsho ukuba ndingabuya ndikubone, kodwa uThixo wenze ukuba ndibone nabantwana bakho."
[12]UJosefu ubasusile kuyise, waqubuda phambi koyise eqondele phantsi.

[13]UJosefu wambeka uEfrayim ngasekhohlo kuyise, waza uManase yena wambeka ngasekunene.

[14]Kodwa uSirayeli waziphambanisa izandla zakhe, wabeka isandla sakhe sokunene phezu koEfrayim, nakuba wayengomncinane yena; esokhohlo sona wasibeka kuManase, oyena wayengomkhulu.
[15]Wandula ke uSirayeli ukumthamsanqelisa uJosefu wenjenje: "Makawathamsanqelise la makhwenkwe uThixo ka-Abraham noIsake. UThixo ondaluse kwada kwayile mini, makawathamsanqelise.
[16]Ewe, osithunywa esandisindisa kuzo zonke iingozi makawathamsanqelise. Igama lam, nelika-Abraham noIsake, malihlale lihleli

nomes de meus pais, Abraão e Isaque. Que eles cresçam e se multipliquem sobre toda a face da terra!”

ngawo la makhwenkwe. Anga anganda achume ehlabathini.”

17 Quando, porém, José observou que seu pai impunha a mão direita na cabeça de Efraim, sentiu-se desagradado; e rapidamente alcançou a mão do pai e tentou mudá-la da cabeça de Efraim para a de Manassés,

17Wakhathazeka uJosefu akubona uyise ebeka isandla sokunene kuEfrayim. Waza wasisusa wasibeka phezu koManase.

18 e orientou-o: “Não, meu pai, este aqui é o mais velho; portanto, coloca tua mão direita sobre a cabeça dele.”

18Watsho esithi: “Musukwenza loo nto, bawo. Nanku omkhulu; sibeke kuye isandla sokunene.”

19 Todavia, seu pai recusou-se e convictamente lhe revelou: “Eu bem sei, meu amado filho! Semelhantemente ele se tornará um povo, também ele será grande. Entretanto, seu irmão mais novo será maior do que ele, e seus descendentes se tornarão uma plenitude de povos!”

19Wala uyise, esithi: “Mfo wam, ndiyayazi loo nto. Nayo inzala kaManase iya kuba sisizwe abaluleke. Kodwa ke yena umninawa wakhe uya kuba mkhulu kunaye, ize yona eyakhe inzala ibe zizizwe ngezizwe.”

20 E, assim, naquele dia, Israel os abençoou proferindo estas palavras: “O povo de Israel usará vossos nomes para abençoar uns aos outros com esta expressão: ‘Que Deus faça a ti como fez a Efraim e a Manassés!” E colocou Efraim à frente de Manassés.

20Wabathamsanqelisa ke ngaloo mini, esithi: “Xa athamsanqelisa, amaSirayeli aya kunqula athi: ‘Wanga uThixo angakwenza ufuze uEfrayim noManase.’ ” Wenjenjalo ke uYakobi ukumisela uEfrayim abe ngaphezu koManase.

21 Em seguida, Israel declarou a José: “Como vês, aproxima-se o momento de minha morte, no entanto, Deus estará convosco e vos reconduzirá à terra de vossos pais!

21Wandula wathi kuJosefu uSirayeli: “Uyabona ke, mna sendiza kufa, kodwa uThixo uza kuba nani, anibuyisele kwilizwe lookhokho.

22 Quanto a ti, como alguém que está acima de teus irmãos, concedo-te porção dobrada do que deixo para teus irmãos, dou-te também Siquém, a região montanhosa, que tomei dos amorreus com a minha espada e com o meu arco!”

22IShekem, endayihlutha kuma-Amori ngekrele nangotolo, ndiyinika wena; iya kumiwa nguwe, ingengabo abakhuluwa bakho.”

Gênesis 49

Jacó abençoa seus filhos e morre

[1] Mais tarde, Jacó solicitou a presença de todos os seus filhos e lhes comunicou: “Achegai-vos à minha volta, e eu vos anunciarei o que vos acontecerá nos tempos vindouros!

[2] Reuni-vos, escutai, filhos de Jacó, ouvi Israel, vosso pai:

[3] Rúben, tu és meu primogênito, meu vigor, as primícias de minha virilidade, cúmulo de honra, superior em poder.

[4] Turbulento como as fortes águas, já não serás o mais importante, pois dormiste com a minha concubina, desonrando, assim, a cama de teu pai!

[5] Simeão e Levi são irmãos; suas espadas são armas de violência.

[6] Que minha alma não entre em seu conselho, que meu coração não participe da sua assembleia, porque em sua ira mataram homens, e a seu bel-prazer aleijaram bois, cortando-lhes o tendão.

[7] Maldita seja sua cólera, tão tremenda, e sua ira, exageradamente cruel! Eu os dividirei pelas terras de Jacó e os espalharei no meio do seu próprio povo!

[8] Judá, teus irmãos o louvarão, tua mão estará sobre a cerviz de teus inimigos; e todos os filhos de teu pai se curvarão reverentemente diante de ti!

[9] Judá é como um leão jovem quando ataca e mata sua presa; como um grande leão se

Eyeziqalo 49

Umyolelo kaYakobi

[1]UYakobi wabiza oonyana bakhe, wathi: “Sondelani ndinixelele ngekamva lenu:

[2]“Ndingqongeni nibek' iindlebe, zinto zikaYakobi; mbekeleni iindlebe uyihlo uSirayeli.

[3]“URubhen lizibulo lam; ndazibon' amandla ngaye; ubudoda bam ndabuqonda ngaye. Ngoyena unamandla; ngoyena unewonga koonyana bam bonke.

[4]Kambe ke akasayi kutshatshela. Yintw' efan' igqabhuke okomsinga wamanzi, kuba yangena iqadi likayise, yasixabhel' isilili soyise.

[5]“USimon noLevi ngoonyongande kuzalana; zizibhoja ezixhel' abantu ngezixhobo zazo.

[6]Andiwangeni amayelenqe abo; andinanxaxheba kwigqugula labo. Kaloku bagwint' abantu ngenxa yephuku; bangxwelerh' iinkomo ngenxa yemfeketho.

[7]Linelishw' iphuku labo, kuba liyankwantyisa; unelishw' umsindo wabo, kub' ukhohlakele. Bona ndobabhacisa kulo lonke elakwaYakobi, babe ziintsalu kwelakwaSirayeli.

[8]“UJuda yintw' edunyiswa ngamawayo; yintw' ezithe xhakamfu ngesixhanti iintshaba zayo, intw' ekhahlelwayo ngabantakwayo.

[9]UJuda ndithi yintw' enga yingonyama, yintw' echwechwel' ixhoba, ibuy' ibuthume

assenta, e deita-se como uma forte leoa. Quem tem coragem de perturbá-lo?

[10] Portanto, o cetro não se apartará de Judá, nem o bastão de comando de sua posteridade, até que venha Siló, aquele a quem o cetro pertence, e a Ele obedeçam todos os povos da terra!

[11] Ele amarrará seu jumento a uma videira e seu jumentinho ao ramo mais seleto; lavará no vinho suas roupas, no sangue das uvas, suas vestes.

[12] Seus olhos serão mais escuros que o vinho; seus dentes, mais brancos que o leite!

[13] Zebulom morará à beira-mar e se tornará um porto para muitos navios; suas fronteiras se projetarão até Sidom!

[14] Issacar é um jumento forte e perseverante, repousando entre duas cargas.

[15] Quando compreender como é bom o seu lugar de descanso e como é agradável sua própria terra, ele se inclinará a fim de que lhe seja colocada a carga sobre as costas e, sem reclamar, trabalhará como escravo!

[16] Dã defenderá o direito de sua própria gente; será como todas as demais tribos de Israel.

[17] Dã será como cobra na beira da estrada, como serpente venenosa no caminho, que ataca e morde a pata do cavalo, derrubando para trás seu cavaleiro.

[18] Ó SENHOR, Yahweh, meu Deus, espero em Ti a minha libertação!

[19] Gade será atacado por um bando de ladrões; mas na verdade, ele é que

esikhundleni sayo; buthuthu izolile, ingabe iphazanyiswe nto.

[10]NguJuda opheth' umsimbithi wokulawula. Uya kuhlala elawula njalo, ade afike umniniwo, izizwe zikhahlele kuye ngentobeko.

[11]Sisinhanha esibhuqisa kungekavunwa, esindyebo ixhanyulwa naziidonki. Nguhlamba ngewayini,

[12]intw' emehlo aligazi kukumfimfith' iwayini, le ntw' imazinyo amhlophe zizapholo.

[13]“UZebhulon uye kuma phezu kolwandle; yintw' emanxweme azizikhululo zeenqanawa; yintw' emhlaba uye kuthi xhaxhe ngeSidon.

[14]“UIsakare akayidluli nganto imbongolo; yint' ofik' ilele isoyiswa yimithwalo.

[15]Kambe ke weva ukuba kumnandi ukubuthuma, nelizwe liyaphumza. Yintw' egob' umqolo, ithwalisw' imithwalo, intw' enyanzelwa okwesicaka emsebenzini.

[16]“UDan ngomnye wezindlu zikaSirayeli; nguye umgwebi wabantu bakhe.

[17]UDan yinyoka esecaleni lendlela; yinyoka enobuhlungu elalel' ukuluma ihashe esithendeni, khon' ukuze umkhweli limphose phantsi.

[18]“ Ndikhoyo, ndilindele ukukhululwa nguwe!

[19]“UGadi yena uya kuhlaselwa liqela lezihange, kodwa wojika aziswantsulise.

perseguirá os calcanhares de seus salteadores!

[20] Na mesa de Aser haverá abundância; suas terras produzirão alimentos dignos de reis!

[21] Naftali é como uma gazela livre e veloz que profere lindos discursos!

[22] José é uma frondosa árvore frutífera, plantada à beira de uma fonte de águas puras; uma grande árvore que dá muitos frutos, cujos galhos avançam por sobre o muro.

[23] Com rancor, inimigos o atacaram e com violência o perseguiram com seus arcos e flechas.

[24] Contudo, seu arco permaneceu firme, e seus braços jamais esmoreceram, mediante a força do Poderoso de Jacó, pelo Nome do Pastor, a Rocha de Israel,

[25] pelo Deus de teu pai, que te socorre, por El-Shaddai, o Todo-Poderoso, que o abençoa com bênçãos dos altos céus, bênçãos das preciosas águas que circulam debaixo da terra, bênçãos de muitos rebanhos e muitos filhos.

[26] As bênçãos de teu pai são infinitamente maiores que as bênçãos dos montes antigos, que as delícias das colinas eternas. Que todas as bênçãos alcancem e permaneçam sobre a cabeça de José, sobre a testa daquele que foi escolhido entre todos os seus irmãos!

[27] Benjamim é um lobo predador; ao alvorecer ele devora sua presa e ao pôr-do-sol divide o despojo!

[20]“Umhlaba ka-Ashere uya kuchuma, uvelise ukutya okulungele nkqu neekumkani.

[21]“UNafetali yena lixhama lasendle; intw' ezala amaduna namathokazi.

[22]“UJosefu ngumdiliya omi ngasemthonjeni; intw' emaseb' afukufuku, aqabel' ezindongeni.

[23]Yintw' ehlaselwa ziintshaba zayo, ziyisukele ngeentolo nezaphetha.

[24]Kodwa olwakhe utolo alugungqi, neengalo zakhe zomelezwa ngamandla oThixo kaYakobi, yena malusi nomkhuseli kaSirayeli.

[25]NguThixo kayihlo okuncedayo; nguThixo uSomandla okuthamsanqelisayo ngeemvula zaphezulu, nangamanzi aphuma enzulwini ngaphantsi komhlaba. Nguye okuthamsanqelisa ngabantwana nangemfuyo.

[26]Amathamsanqa owanikwe nguyihlo aya kuqina kuneentaba ezisisimakade, achume kunendyebo yeenduli zaphakade. Konke oku makuwe phezu kwentloko kaYosefu, yena ukhethiweyo kubantakwabo.

[27]“UBhenjamin lithole lengcuka elinoburhalarhume. Kusasa uqwenga ixhoba; ngokuhlwa waba okuphangiweyo.”

[28] Todos esses filhos de Jacó formam as tribos de Israel, em número de doze, e foram essas as palavras profetizadas por seu pai quando os reuniu. Ele os abençoou a todos, todavia a cada um deu uma palavra particular.

[29] Depois lhes deu esta ordem: “Eu vou me reunir aos meus antepassados. Enterrai-me, pois, junto de meus pais, na gruta que está no campo de Efrom, o hitita,
[30] na caverna do campo de Macpela, perto de Manre, em Canaã, campo que Abraão comprou de Efrom, o hitita, como propriedade para sepultura.

[31] Lá foram enterrados Abraão e sua esposa Sara, lá foram sepultados também Isaque e sua esposa Rebeca, e lá eu depositei o corpo de Lia.

[32] Tanto o campo como a gruta que nele se encontra foram adquiridos dos filhos de Hete.
[33] Ao terminar de dar todas essas instruções a seus filhos, Jacó recolheu seus pés sobre o leito, expirou e foi reunido ao descanso com seus antepassados.

Gênesis 50

A lamentação por Jacó e o seu enterro

[1] Então José se atirou sobre o pai, chorando e beijando seu rosto.
[2] Em seguida deu ordem aos médicos que estavam a seu serviço para embalsamarem o corpo de seu pai, e os médicos embalsamaram Israel.
[3] Levaram quarenta dias completos, pois esse era o tempo para o embalsamamento.

[28]Zizo ke ezi izizwe ezilishumi elinambini zakwaSirayeli. Lo ke ngumyolelo kayise koonyana bakhe ngabanye.

Ukufa nokungcwatywa kukaYakobi

[29]UYakobi uqokele wathi ukuyolela: “Njengoko sendiza kuya kookhokho, nize nindingcwabe koobawo, kulaa mqolomba ukulaa ntsimi kaEfron umHeti,
[30]eMakapela ngasempumalanga yeMamre eKanana. Loo mqolomba wathengwa nguAbraham kuEfron ukuze kungcwatyelwe kuwo.
[31]Kulapho angcwatyelwe khona uAbraham kunye noSara umkakhe. Kulapho angcwatyelwe khona uIsake kunye noRabheka umkakhe. NoLeya ukwangcwatyelwe apho.
[32]Loo ntsimi yathengwa kunye naloo mqolomba ukuyo kumaHeti. Nam ke nize nindingcwabele apho.”

[33]Akuwugqiba umyolelo wakhe uYakobi koonyana bakhe, wabuya wangqengqa, waphuma umphefumlo.

Eyeziqalo 50

[1]UJosefu waziphosa phezu koyise ekhala, wamanga.
[2]Emva koko wayalela oogqirha ukuba bawuqhole umzimba kayise, ukuze ungonakali. Benjenjalo ke, bamqhola uSirayeli,
[3]yaza loo nto yathatha amashumi amane eentsuku ukwenziwa. Kambe ke lixesha

E os egípcios choraram sua morte setenta dias.

[4] Quando terminaram os tempos de luto, José falou à corte do Faraó: "Se me é possível contar com a vossa amizade e bondade, dizei isto aos ouvidos do Faraó, em meu favor:

[5] Meu pai me fez prestar este juramento: 'eu vou morrer', disse-me ele, 'tenho um túmulo que mandei cavar na terra de Canaã, é lá que me sepultarás'. Agora, portanto, que me seja permitido subir para sepultar meu pai; depois voltarei."

[6] O Faraó aquiesceu: "Sobe e sepulta o teu pai como ele te fez jurar!"

[7] José subiu para sepultar seu pai; e subiram com ele todos os conselheiros do Faraó, os oficiais da sua corte e todos os principais da terra do Egito,

[8] e, além deles, todos os da casa de seu pai. Somente as crianças, as ovelhas e os rebanhos foram deixados em Gósen.

[9] E subiram também com ele muitas carruagens e cocheiros: era um cortejo grandíssimo.

[10] Chegando eles, pois, à eira de Atade, próximo do Jordão, lamentaram em voz alta, com profunda amargura; e ali José dedicou sete dias de pranto pela morte do seu pai.

[11] Quando os cananeus que lá habitavam observaram aquele lamento extremo na eira de Atade, comentaram: "Eis que os

eliqhelekileyo laloo nto elo. AmaJiputa amzilela amashumi asixhenxe eentsuku uYakobi.

[4]Lakuba lidlule ilixa lenzila, uJosefu wanikela oomaqhuzu bakomkhulu umyalezo oya kukumkani.

[5]Wathi maze bathi kukumkani: "Xa wayeza kubhubha ubawo wayalela mna Josefu, endifungisa ukuba maze ndimngcwabe kwingcwaba awazilungiselela lona eKanana." Wathi makancede ke ukumkani amvumele aye kungcwaba uyise, uya kubuya abuye.

[6]Ukumkani wathi kuJosefu: "Hamba uye kungcwaba uyihlo njengoko wawumthembisile ngesifungo."

[7]Wahamba uJosefu ukuya kungcwaba uyise. Waphelekwa ngoomaqhuzu basebhotwe, amaphakathi, nabo bonke abantu abaphambili kubemi baseJiputa.

[8]Kwahamba usapho lwakhe, abantakwabo, kwakunye nomzi kayise wonke. Kwasala abantwana kuphela eGoshen kunye nemfuyo yabo.

[9]Kwakuziinqwelo zamahashe, kunye nabakhwele amahashe, isisihlwele.

[10]Bathi bakufika kwisanda sika-Atadi kufuphi neJordan, batsho ngesijwili esikrakra ithuba elide. Apho uJosefu wachitha iintsuku ezisixhenxe ezilile.

[11]Abantu baseKanana, bakubabona bezilile kwisanda sika-Atadi, bayincoma inkqubo ezukileyo yenzila eyayisenziwa

egípcios estão realizando uma grande solenidade de pranto, de luto". Por esse motivo se passou a chamar esse lugar, nas proximidades do Jordão, de Abel-Mizraim, campo de lamentação dos egípcios.

ngamaJiputa. Yiyo ke loo nto loo ndawo kwathiwa igama layo yiAbheli-mizerayim.

12 E assim cumpriram os filhos de Jacó o que este lhes havia ordenado:

12Benjenjalo ke oonyana bakaYakobi ukuthobela umyolelo kayise.

13 Levaram-no à terra de Canaã e o sepultaram na caverna do campo de Macpela, perto de Manre, que, juntamente com o campo, Abraão tinha comprado de Efrom, o heteu, a fim de que lhe servisse de propriedade para sepultura.

13Bawuthwala umzimba wakhe, bawusa eKanana, bafika bawungcwaba kumqolomba owawuseMakapela, ngasempuma yeMamre, kulaa mhlaba uAbraham wawuthenga kuEfron umHeti, ube yindawo yokungcwabela.

José anima a seus irmãos

14 Mais tarde, contudo, José retornou ao Egito, bem como todos os seus irmãos e todas as pessoas que o haviam acompanhado a Canaã para enterrar seu pai.

14Akuba emngcwabile uyise, uJosefu wabuyela eJiputa, kunye nabantakwabo kwakunye naloo nginginya yayimkhaphile.

UJosefu uthomalalisa ixhala labantakwabo

15 Vendo que seu pai estava morto comentaram entre si os irmãos de José: "E se José for nos tratar como inimigos e nos retribuir todo o mal que lhe fizemos no passado?

15Emva kokubhubha kukayise abantakwabo-Josefu baphathwa lixhala lokuba hleze kuthi kanti uJosefu usababambe isixhiba ngento embi abamenza yona.

16 Por isso, mandaram um recado a José nestes termos: "Antes de morrer, teu pai nos ordenou que lhe revelássemos este seu desejo:

17 'Assim falareis a José: Perdoa a teus irmãos seu crime e seu pecado, todo o mal que te fizeram!' Agora, pois, queiras tu perdoar os erros e os pecados dos servos do Deus de teu pai!" E José muito se comoveu e chorou diante das palavras que seus irmãos lhe enviaram.

16-17Bathumela isigidimi ke kuJosefu ukuba sise umlomo othi: "Ubawo wathi ze sithi kuwe, Josefu, uze usixolele ngesenzo esakwenza sona. Sixolele ke ngoko, thina zicaka zikaThixo kabawo." Zehla iinyembezi kuJosefu akuwuva loo mlomo.

18 Logo em seguida chegaram seus próprios irmãos e, lançando-se a seus pés,

18Bathi ke, abantakwabo beze buqu, bafika bakhahlela, bathi: "Thina sizizicaka zakho."

suplicaram: “Eis-nos aqui como teus escravos!”

[19] No entanto, José lhes assegurou: “Não tenhais qualquer receio! Acaso estou eu no lugar de Deus?

[19]Suka uJosefu wathi: “Musani ukuxhala, andingoThixo mna.

[20] O mal que tínheis a intenção de fazer-me, o desígnio de Deus o mudou em bem, a fim de cumprir o que se realiza hoje diante de nossos olhos: salvar a vida de um povo numeroso!

[20]Ewe, nanizimisele ukundenzakalisa, kodwa uThixo yena walijika elo yelenqe labubuhle, khon' ukuze kusinde abantu abaninzi abaphilayo ngoku ngenxa yeso senzo senu.”

[21] Agora, pois, não temais: eis que eu vos sustentarei, bem como a vossos filhos!” E assim ele os tranquilizou e encorajou com palavras carinhosas.

[21]Watsho esithi: “Musani ukoyika, ndiza kunigcina nina kunye nabantwana benu.” Wabathuthuzela ngamazwi atsho laphela ixhala.

A morte de José

Ukufa kukaJosefu

[22] José permaneceu no Egito, com toda a numerosa família de Israel. Viveu cento e dez anos,

[22]UJosefu wahlala eJiputa kunye nosapho lukayise, wada wabhubha enekhulu lineshumi leminyaka.

[23] e viu a terceira geração dos filhos de Efraim. Além disso, nasceram, na presença de José, os filhos de Maquir, filho de Manassés.

[23]Wahlala wada wabona nabantwana bakaEfrayim kwakunye nabantwana babo. Wahlala wada nabantwana bakaMakire unyana kaManase wabangenisa baba yimilowo.

[24] Antes de morrer, José profetizou a seus irmãos: “Eis que a hora de minha morte se aproxima, todavia Deus vos visitará com poder e vos fará subir destas terras para a terra que Ele prometeu, sob juramento, a Abraão, Isaque e Jacó!”

[24]Wayolela kubantakwabo uJosefu wathi: “Sendiza kubhubha, kodwa yena uThixo uza kunigcina ade anikhuphe kweli lizwe, anise kwilizwe awalithembisa oobawo uAbraham noIsake noYakobi.”

[25] E José fez os filhos de Israel prestarem um juramento: “Quando Deus intervier a vosso favor, levareis os meus ossos daqui!”

[25]Uthe ke uJosefu abantakwabo mabafunge, wathi: “Mhla uThixo wanisa kwelo lizwe, nize niwathathe amathambo am, nimke nawo.”

[26] José morreu com a idade de cento e dez anos. E, logo depois de embalsamado, seu corpo foi depositado num sarcófago, no Egito.

[26]UJosefu ke watshabela eJiputa enekhulu lineshumi leminyaka. Bawuqhola umzimba wakhe, bawufaka emkhumbini apho eJiputa.

Êxodo	Eyemfuduko

Êxodo 1

Os descendentes de Jacó no Egito

1 São estes, portanto, os nomes dos filhos de Jacó que foram com ele para o Egito, cada um com sua respectiva família:

2 Rúben, Simeão, Levi e Judá;

3 Issacar, Zebulom e Benjamim;

4 Dã, Naftali, Gade e Aser.

5 Ao todo, o grupo de descendentes de Jacó ultrapassava setenta pessoas; José, no entanto, já estava no Egito.

6 Com o passar do tempo, morreram José, todos os seus irmãos e toda aquela geração.

7 Os filhos de Israel foram fecundos e se multiplicaram; tornaram-se cada vez mais numerosos e poderosos, a tal ponto que o país ficou repleto deles.

8 Levantou-se sobre o Egito um novo rei, que não conhecia nada sobre a vida de José.

9 Então proclamou ele ao seu povo: "Eis que o povo dos filhos de Israel tornou-se mais numeroso e mais poderoso do que nós.

10 Vinde, tomemos sábias medidas a fim de impedir que ele cresça ainda mais; pois do contrário, em caso de guerra, aumentará o número dos nossos adversários e combaterá contra nós, para depois deixar nosso país assolado!"

11 Sendo assim, impuseram a Israel inspetores de obras para tornar-lhes dura a vida com os trabalhos que exigiam. Foi assim que construíram para o Faraó as cidades armazéns de Pitom e de Ramessés.

Eyemfuduko 1

Impatheko-mbi yamaSirayeli eJiputa

1Nanga amagama oonyana bakaSirayeli abâfuduka kunye naye baya eJiputa nezindlu zabo:

2uRubhen, uSimon, uLevi, noJuda;

3uIsakare, uZebhulon, noBhenjamin;

4uDan, uNafetali, uGadi, noAshere.

5Bebonke abayinzala kaYakobi babengamashumi asixhenxe. Kaloku yena uJosefu wayeseleseJiputa kakade.

6Ekuhambeni kwexesha wafa uJosefu nabantakwabo, naso sonke eso sizukulwana.

7Kambe ke yona inzala yabo, amaSirayeli, yaqhama yanda kakhulu. Ewe, yanda yaphinda-phindana, yakhula nangamanani, futhi iluqilima, yada yalizalisa elaseJiputa.

8Ke kaloku kwavela kumkani wumbi owayengazi nto ngoJosefu, wangumlawuli kwelaseJiputa.

9Wabhekisa kubantu bakhe, wathi: "Niyawabona na ukwanda kwawo la maSirayeli, niqonda na ukuba aluqilima?

10Ngoko ke masihlale sivundlile, hleze athi akwanda ngaphezu koku adibane neentshaba zethu ngexesha lemfazwe, asihlasele, afumane ithuba lokubaleka emke kweli lizwe."

11Ngoko ke, ukuwaphul' iimpondo amaSirayeli, amaJiputa awamisela iinduna, khon' ukuze asetyenziswe nzima. Zakhiwa ngolu hlobo ke izixeko zokumkani, iPitom neRamesi, ezazingoovimba.

[12] Contudo, quanto mais os oprimiam, tanto mais geravam filhos e se multiplicavam; e os egípcios preocupavam-se por causa dos muitos descendentes de Israel.

[13] Os egípcios obrigavam os filhos de Israel ao trabalho,

[14] e tornavam-lhes extenuante e amarga a vida, com duros serviços: a preparação da argila, a fabricação de tijolos, vários trabalhos nos campos, e toda espécie de tarefas que os obrigavam a realizar.

As parteiras poupam a vida aos recém-nascidos

[15] O rei do Egito ordenou às parteiras dos hebreus, das quais uma se chamava Sifrá e a outra, Pua:

[16] "Quando ajudardes as hebreias a dar à luz, observai o sexo das crianças. Se for menino matai-o. Se for menina deixai-a viver!"

[17] As parteiras, porém, temeram a Deus e não fizeram o que o rei do Egito lhes havia mandado. Pelo contrário, deixaram que os meninos vivessem.

[18] Assim, pois, o rei do Egito chamou as parteiras e interrogou-as: "Por que agiste desse modo, e deixastes os meninos viverem?"

[19] Elas responderam ao Faraó: "As mulheres dos hebreus não são como as egípcias. São cheias de vida e, antes que as parteiras cheguem, já deram à luz".

[20] As parteiras eram tementes a Deus, e por esse motivo Ele foi benevolente para com elas e o povo ia se tornando cada vez mais numeroso e ainda mais fortalecido.

[12]Kambe ke, okukhona bawatshutshisayo amaSirayeli, yaba kokukhona andayo, alizalisa lonke ilizwe. Le meko ke yawenza ahlala exhaleni elingathethekiyo amaJiputa ngenxa yamaSirayeli.

[13-14]Ngoku ke aphatheka kabuhlungu amaSirayeli, akhohlakalelwa, enziwa amakhoboka ngamaJiputa. Latsho laxubayela ke ngakumaSirayeli, kuba asetyenziswa ekwenzeni izitena, nasemasimini, nakuyo yonke imisebenzi enzima. Aye ke ebhexeshwa kungekho lusini tu!

[15]Ukumkani waseJiputa wathetha noShifra noPuwa ababelekisi bamaHebhere, wathi:

[16]"Xa ninceda amaHebherekazi, aze afumane abantwana abangamakhwenkwe, babulaleni; kanti ke ningabayeka abangamantombazana baphile."

[17]Kodwa ke ababelekisi abo yayingabafazi abamoyikayo uThixo. Basuka bawaphula umyalelo kakumkani, àbawabulala amakhwenkwe lawo.

[18]Ukumkani ke wababiza ababelekisi abo, wababuza wathi: "Ngani ukuba nibayeke abantwana bamaHebhere abangamakhwenkwe ningababulali?"

[19]Ababelekisi baphendula bathi: "AmaHebherekazi akafani namaJiputakazi; wona akufikelwa yinimba abeleka lula, singekafiki nokufika thina."

[20-21]Ngenxa yokuba ababelekisi bemoyika uThixo, uThixo wabavuza ngeentsapho. Ke wona amaSirayeli aya esanda ngokwanda, aba luqilima.

21 E, porque as parteiras temeram a Deus, Ele as abençoou fazendo que também formassem suas famílias.

22 Certo dia, entretanto, ordenou o Faraó a todo o seu povo: “A todos os meninos que nascerem aos hebreus, lançareis no Nilo, mas a todas as meninas deixareis viver!”

22Ekugqibeleni ke ukumkani wayalela bonke abantu bakhe wathi zonke iintsana ezingamakhwenkwe zamaHebhere maziphoswe emlanjeni iNayile, ke zona ezingamantombazana ziyekwe.

Êxodo 2

O nascimento de Moisés

1 Certo homem da tribo de Levi foi tomar por esposa uma descendente também de Levi,

2 a qual concebeu e deu à luz um menino. Vendo que era bonito e saudável, escondeu-o por três meses.

3 E como não pudesse mais ocultá-lo, tomou um cesto de papiro, calafetou-o com betume e piche, colocou dentro seu filho e soltou o cesto entre os juncos, à beira do Rio.

4 De longe, uma das irmãs do menino observava o que lhe ia acontecer.

5 Entrementes, eis que a filha do Faraó desceu para se lavar no Rio, enquanto suas criadas andavam à beira do Rio. Ela percebeu o cesto entre os juncos e mandou uma de suas servas apanhá-lo.

6 Abrindo-o, viu a criança: era um lindo menino e chorava. Enternecida, declarou: “É filho dos hebreus!”

Eyemfuduko 2

Ukuzalwa kukaMosis

1Ke kaloku indoda ethile yendlu kaLevi yathatha umfazi ezintombini zamawayo,

2waza wanzima wayizalela unyana. Umfazi lowo ke wathi akubona indlela olwaluthandeka ngayo olo sana, walufihla lwada lwaneenyanga ezintathu.

3Uthe akuba engasenako ukulufihla, walwenzela ibhaskiti ngemizi, waza wayityabeka ngetha, walufaka kuyo usana olo, waya kulubeka phakathi kweengcongolo elunxwemeni lomlambo.

4Ke yena udade walo wayemi mganyana elugcinile.

5Yesuka ke intombi kakumkani yeza kuhlamba apho emlanjeni. Ngeli thuba ke zona iintombi ezaziziimpelesi zenkosazana leyo zazizula-zula apho elunxwemeni lomlambo. Ithe ke, isahlamba njalo, yabona ibhaskiti eyayiphakathi kweengcongolo. Kwangoko yathuma enye yezo ntombi ukuba iye kuyithatha ize nayo.

6Ifikile ke nayo ibhaskiti leyo, inkosazana yayivula. Tyhini! Kuthe kanti lusana! Ngeli xesha ke usana lona lwalulila. Ithe ke yakuba ilondele usana olo inkosazana leyo, kwatsho kwasika kuyo, yathi: “Olu sana

luya kuba ngomnye wabantwana bamaHebhere."

[7] Então a irmã do bebê aproximou-se e sugeriu à filha do Faraó: "Queres que eu vá e te chame uma mulher dos hebreus que possa criar essa criança?"

[7]Udade bosana olo wadanduluka wabhekisa apho kwinkosazana wathi: "Akungethandi na ndiye kukufunela ineni phakathi kwabafazi bamaHebhere izokukugcinela olu sana?"

[8] A filha do Faraó prontamente respondeu: "Sim, vai!" Partiu, pois, a jovem e chamou a própria mãe da criança.

[8]Ithe ke inkosazana: "Kulungile; hamba uze nayo." Ke yona intombazana leyo yaya kubiza unina wosana olo.

[9] Então a filha do Faraó orientou-a: "Leva este menino, amamenta-o para mim e eu te darei a tua paga!" A hebreia imediatamente abraçou o bebê e o criou.

[9]Uthe ke akufika inkosazana yathetha naye yathi: "Ndigcinele olu sana; ndokunika isondlo." Bavumelana ke; waza umfazi lowo wamkhulisa loo mntwana.

[10] Quando o menino cresceu, ela o entregou à filha do Faraó, a qual o adotou e lhe pôs o nome de Moisés, justificando: "Eu o tirei das águas".

[10]Akuba ekhulile umntwana lowo, unina wambuyisela kwinkosazana apho, yaza ke yona yamenza unyana wayo. Yamthiya igama elinguMosis, kuba isithi: "Ndimonyule emanzini."

UMosis ubalekela eMidiyan

[11] Moisés já era adulto. Um dia ele saiu para visitar o lugar onde se encontravam seus irmãos hebreus e descobriu como era árduo e exaustivo o trabalho que eram obrigados a fazer. Observou que um egípcio espancava um hebreu indefeso.

[11]UMosis uthe akuba mdala wakhe watyelela amawabo, wawabukela esebenza nzima eqhutywa. Kwangelo xesha wabona umJiputa elimaza umwabo umHebhere.

[12] E como olhasse para uma e outra parte e visse que ninguém estava ali, matou o egípcio e escondeu-o na areia.

[12]Akuba elaqazile waqonda ukuba akukho mntu ubukeleyo, wahlasela umJiputa lowo, wambulala, waza wamngcwaba entlabathini.

[13] No dia seguinte voltou no momento em que dois hebreus estavam brigando, e disse ao agressor: "Por que feres o teu próximo?"

[13]Ngemini elandelayo wabona amaHebhere amabini esilwa, waza wathi kulo uvuyelela omnye: "Kutheni na nisilwa, nizalana nje?"

[14] E ele replicou: "Quem te constituiu nosso chefe e nosso juiz?" Acaso queres matar-me como mataste ontem o egípcio?" Moisés

[14]Ke yena wambuza wathi: "Sekungathi uyinduna nomgwebi nje, umiselwe ngubani? Ucinga ukuba ndingulaa mJiputa umbuleleyo – nam uza kundigebenga?"

teve medo e deduziu: “Com certeza, o fato já é de conhecimento público!”

[15] O Faraó, tendo notícia do caso, procurou matar Moisés. Mas este, fugindo da vista de todos, foi morar na terra de Midiã. Ali se assentou à beira de um poço.

[16] Ora, um sacerdote de Midiã tinha sete filhas. Elas foram buscar água para encher os bebedouros e dar de beber ao rebanho de seu pai.

[17] Então alguns pastores aproximaram-se e começaram a expulsá-las dali; Moisés, porém, partiu em socorro delas e deu água ao rebanho.

[18] Quando as jovens voltaram a seu pai, Reuel – Jetro –, este lhes indagou: “Por que voltastes mais cedo hoje?”

[19] Responderam: “Um egípcio nos livrou da mão dos pastores e, além disso, tirou água conosco e deu de beber ao rebanho!”

[20] “Onde está, pois, esse homem?” – inquiriu o pai. “Por que o abandonastes lá? Convidai-o para que venha e coma conosco.”

[21] Então Moisés aceitou o convite e concordou alegremente também em morar na casa daquele homem; este lhe deu por esposa sua filha Zípora.

[22] Ela deu à luz um menino, a quem Moisés deu o nome de Gérson, justificando: “Sou imigrante em terra estrangeira”.

A morte do rei do Egito

[23] Muito tempo se passou depois disso; morreu o rei do Egito. Os israelitas gemiam

Akuweva la mazwi uMosis woyika, wathetha yedwa esithi: “Ithe kanti le nto iyaziwa!”

[15-16]Akuyiva le nto ukumkani watsho wafuna ukumbulala uMosis. Kambe ke yena uMosis wasaba, waya kuhlala kwelaseMidiyan. Ke kaloku umbingeleli waseMidiyan wayeneentombi ezisixhenxe. Ngenye imini wathi uMosis esahleli ngasequleni, zafika zize kuthutha amanzi, ziwagalela emikhumbini ezaziselela kuyo iigusha zikayise.

[17]Kusenjalo kwafika abanye abelusi, bazigxotha iintombi ezo, kodwa ke uMosis waba ngakuzo iintombi ezo, wazilungiselela zasela iigusha zakowazo.

[18]Zithe ke zakufika ekhaya iintombi ezo, uyise uRuweli wabuza wathi: “Kutheni nikhawuleze kangaka nje namhlanje?”

[19]Ke zona zaphendula zathi: “Kukho umJiputa osihlanguleyo kubelusi. Ude wasikhelela namanzi, waziseza iigusha zakuthi.”

[20]Kwakhona wabuza uyise wathi: “Uphi? Kungani na ukuba ningezi naye? Yizani naye, aze afumane into etyiwayo.”

[21]UMosis waba selehlala apho kwambingeleli, owada wendisela intombi yakhe uZipora kuye.

[22]Yona ke yazala unyana, waza uMosis wamthiya igama elinguGershom, esithi: “Ndiyimbacu kwelasemzini.”

[23]Emva kwexesha elide ukumkani waseJiputa wafa. AmaSirayeli ayesancwina

e rogavam por socorro divino debaixo de uma escravidão; e seu clamor subiu até Deus.

phantsi kwedyokhwe yobukhoboka. Isimbonono sawo, ecela ukukhululwa ebukhobokeni, sada saya kufikelela kuThixo.

[24] Ouviu Deus o lamento do povo e lembrou-se da Aliança que fizera com Abraão, Isaque e Jacó.

[24]Ewe, wasiva isingqala sawo, wawukhumbula umnqophiso wakhe noAbraham noIsake noYakobi.

[25] Deus observou a vida dos israelitas e contemplou a situação deles.

[25]UThixo wayibona imeko yamaSirayeli, wawavelela.

Êxodo 3

Deus fala com Moisés do meio da sarça ardente

[1] Apascentava Moisés o rebanho de Jetro – Reuel –, seu sogro, sacerdote de Midiã. Certo dia conduzindo as ovelhas para além do deserto chegou a Horebe, o monte de Deus.

[2] Ali o Anjo do Senhor se revelou a ele, numa chama de fogo que saía do meio de uma sarça. Moisés observou e eis que a sarça ardia no fogo, contudo, não era consumida pelas chamas.

[3] Então pensou Moisés: “Que coisa impressionante! Por que será que o espinheiro não se queima? Devo chegar mais perto para contemplar essa maravilha!”

[4] Então o SENHOR viu que ele deu uma volta e se aproximava para observar melhor. E Deus o chamou do meio da sarça ardente: “Moisés, Moisés!” Ao que ele prontamente respondeu: “Eis-me aqui!”

[5] Deus continuou a dizer: “Não te aproximes daqui; tira as sandálias dos pés, porque o lugar em que estás é uma terra santa”.

[6] Disse mais: “Eu Sou o Deus de teus pais, o Deus de Abraão, o Deus de Isaque e o Deus

Eyemfuduko 3

Ukubizwa kukaMosis nguThixo

[1]Ngoku ke uMosis wayesalusa imihlambi kaJetro umbingeleli waseMidiyan, uyise womkakhe. Wayikhokela ke imihlambi leyo, wanqumla entlango, wada waya kufika eHorebhe intaba kaThixo.

[2]Apha kulapho sabonakalayo kuye isithunywa sikaNdikhoyo etyholweni elidangazela umlilo. Uthe ke akuqwalasela uMosis wabona ukuba okunene ityholo liyavutha, kodwa alide litshe.

[3]Wathetha yedwa wathi: “Makhe ndisondele ndibone lo mhlola! Ngani ukuba ityholo lingatshi?”

[4] UNdikhoyo wathi akubona ukuba uMosis uyasondela efuna ukuqonda lo mbono, wamkhwaza esetyholweni apho, wathi: “Mosis! Mosis!” Wasabela ke yena wathi: “Ewe, ndim lo.”

[5]UThixo wathi kuye: “Sukusondela; khulula iimbadada ezo, kuba le ndawo umi kuyo yindawo eyodwa.” Wandula wathi uThixo kuye:

[6]“Mna ndinguThixo wookhokho bakho; uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake,

de Jacó!" Então Moisés cobriu o rosto, porquanto temia olhar para Deus.

[7] Disse o SENHOR: "Certamente tenho observado a opressão e a miséria sobre meu povo no Egito, tenho ouvido seu clamor, por causa dos seus feitores, e sei o quanto estão padecendo.

[8] Por esse motivo desci a fim de livrá-los das mãos dos egípcios e tirá-los daqui para uma terra boa e vasta, onde mana leite e mel: a terra dos cananeus, dos hititas, dos amorreus, dos ferezeus, dos heveus e dos jebuseus.

[9] Porquanto agora o clamor dos filhos de Israel chegou até mim, e também contemplo a opressão com que os egípcios os estão submetendo e fazendo sofrer.

[10] Vai, pois, imediatamente: Eu o envio ao Faraó para tirar do Egito o meu povo, os filhos de Israel!"

[11] Moisés, contudo, interpelou a Deus: "Quem sou eu para me apresentar diante do Faraó e fazer sair os israelitas das terras do Egito?"

[12] Assegurou-lhe Deus: "Eu estarei contigo! Esta é a prova de que Sou Eu quem te envia: quando fizeres o povo sair do Egito, vós prestareis culto a Deus neste mesmo monte".

[13] Porém, Moisés acrescentou: "Quando eu for aos filhos de Israel e comunicar: 'O Deus de vossos pais me enviou até vós' e me questionarem: 'Qual é o seu Nome?' - que deverei dizer?"

uThixo kaYakobi." UMosis ke wabugqquma ubuso bakhe, kuba esoyika ukujonga uThixo.

[7]Waqhuba ke uNdikhoyo wathi: "Ngenene ndiyibonile imbandezelo yabantu bam eJiputa. Ndisivile nesimbonono sabo ngenxa yâbo babatshutshisayo. Ewe, ndiyayiqonda intlungu yabo;

[8]ngoku ke ndihlile ukuze ndibahlangule esandleni samaJiputa, ndibakhulule baphume kwelo lizwe, baye kwilizwe elihle eliphangaleleyo, eliphuphuma ubisi nobusi. Elo ke lelamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

[9]Kaloku isikhalo samaSirayeli side saza kufikelela kum, ibe ke ndiyibonile nengcinezelo aphantsi kwayo esandleni samaJiputa.

[10]Hamba ke; ndikuthuma kukumkani waseJiputa, ukuze ubakhokele baphume eJiputa abantu bam amaSirayeli."

[11]UMosis wathi kuThixo: "Kuxa ndingubani mna ukuba ndingade ndiye kukumkani ukuze ndikhuphe amaSirayeli eJiputa?"

[12]UThixo waphendula wathi: "Ndiya kuba nawe. Nanku umqondiso wokuba uthunywa ndim: mhla wabakhupha abo bantu eJiputa noza kundinqula mna Thixo apha kule ntaba."

[13]UMosis wabuza wathi: "Ukuba ndiyile ke kumaSirayeli, ndawaxelela ukuba ndithunywe kuwo nguThixo wookhokho bawo, aza wona andibuza ukuba ngubani igama lakhe, ze ndithini?"

[14] Então afirmou Deus a Moisés: “Eu Sou o que Sou. E deveis dizer aos filhos de Israel: Eu Sou me enviou a vós outros!”

[14]UThixo waphendula wathi: “Ndinguye uNdikhoyo. Uze uwaxelele amaSirayeli ukuba uthunywa nguNdikhoyo.”

[15] Disse Deus ainda mais a Moisés: “Assim dirás aos filhos de Israel: ‘Yahweh, o Deus de vossos antepassados, o Deus de Abraão, o Deus de Isaque e o Deus de Jacó me enviou até vós. Esse, pois, é o meu Nome eternamente, e assim serei lembrado de geração em geração!

[15]UThixo waqhuba wathi: “Uze uthi kumaSirayeli: ‘Ndithunywa nguNdikhoyo, uThixo wookhokho benu: uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.’ Kaloku eli ligama lam nanini nanini; ndaye ke ndiya kubizwa ngalo nazizizukulwana ezizayo.

[16] Vai, reúne os anciãos, as autoridades de Israel e anuncia-lhes: ‘Yahweh, o SENHOR, Deus de vossos antepassados, o Deus de Abraão, o Deus de Isaque e o Deus de Jacó, me apareceu e me revelou: ‘Em verdade vos tenho visitado e contemplado o que vos é feito no Egito.

[16]Ngoko ke hamba uwaqokelele amadoda amakhulu amaSirayeli, uthi kuwo: ‘Ndimbonile uNdikhoyo, uThixo wookhokho benu, uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi; uthe: “Ndinijongile ndayibona imeko enikuyo apha eJiputa;

[17] Porquanto prometi tirar-vos da opressão do Egito e conduzir-vos à terra dos cananeus, dos hititas, dos amorreus, dos ferezeus, dos heveus e dos jebuseus, terra onde mana leite e mel.

[17]ngoku ke ndizimisele ukunikhulula kule mbandezelo yaseJiputa, ndinise kwilizwe lamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi; nditsho ilizwe elivuza ubisi nobusi.” ’

[18] Eis que os anciãos, as autoridades de Israel, te darão ouvidos, atenderão à tua convocação e seguirão contigo até o rei do Egito, e lhe comunicarás: ‘Yahweh, o Deus dos hebreus, veio ao nosso encontro. Agora, pois, deixa-nos ir pelo caminho de três dias de marcha, adentrando o deserto, a fim de oferecermos nossos sacrifícios ao SENHOR, nosso Deus!’

[18]“Ukuba ke utshilo kubo baya kukuphulaphula. Wena ke uya kuthatha amadoda amakhulu amaSirayeli, niye kukumkani waseJiputa, nithi kuye: ‘Sibonene noNdikhoyo uThixo wamaHebhere; ngoku ke siyakubongoza ukuba ukhe usikhulule, sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, sibingelele simenzele idini uNdikhoyo Thixo wethu.’

[19] Contudo, Eu sei que o rei do Egito não permitirá que saiam de suas terras, a não ser que uma poderosa mão o force.

[19]Kambe ke ndiyazi ukuba ukumkani waseJiputa akayi kunivumela ngaphandle kokuba ndide ndimnyanzele.

[20] Por esse motivo estenderei a minha mão e ferirei todo o Egito com os prodígios que

[20]Ngoko ke mna ndiya kuwaqwakanisa amaJiputa, ndenze imimangaliso eya

realizarei no meio dos egípcios; somente depois desses portentosos eventos é que o Faraó os deixará partir!

21 Farei ainda que os egípcios tenham boa vontade para com os israelitas, de modo que, quando sairdes, não o será de mãos vazias.

22 Todas as filhas de Israel pedirão às suas vizinhas, e às mulheres que estiverem hospedando em casa, objetos de prata e de ouro, joias e toda espécie de vestimentas, que poreis sobre os vossos filhos e sobre as vossas filhas; e despojareis os egípcios!”

Êxodo 4

Deus concede poderes a Moisés

1 Então Moisés replicou a Deus: “Mas SENHOR, eis que os israelitas não acreditarão em minha pessoa, tampouco darão ouvidos às minhas palavras, porquanto certamente contestarão: ‘Não é possível que Yahweh te tenha aparecido!’”

2 Perguntou-lhe o SENHOR: “Que é isso que tens na mão?” Respondeu-lhe Moisés: “Um cajado!”

3 Ordenou-lhe o SENHOR: “Lança-o na terra!” Moisés prontamente atirou o cajado ao solo, e ele se transformou em uma grande cobra, e Moisés esquivou-se dela, assustado.

4 Então ordenou Yahweh a Moisés: “Estende a tua mão e pega-a pela cauda”. Ele estendeu a mão, pegou-a pela cauda, e ela se converteu em cajado, em sua mão.

5 E disse o SENHOR: “Fazei isso para provar aos israelitas que Yahweh, o SENHOR, o Deus de teus antepassados, o Deus de

kuwarhwaqelisa; emva koko ke uya kunikhulula.

21“Ngaphezu koko ke amaSirayeli ndiya kuwenza axatyiswe ngamaJiputa, khon' ukuze ningahambi ningaphathanga nto.

22Kaloku wonke umfazi uya kucela kummelwane nakundwendwe olusendlwini yakhe, bamnike izinto zexabiso zesiliva negolide kwakunye nempahla yokunxiba. Ezo zinto ke ziya kuthwalwa ngoonyana neentombi zamaSirayeli. Ngalinye ke amaSirayeli aya kuyiphanga impahla yamaJiputa.”

Eyemfuduko 4

UThixo uthwesa uMosis amandla

1UMosis waphendula wathi: “Ndiya kuthini ke ukuba abakholwa yile nto ndiyithethayo? Xa besithi: ‘Hayi, uNdikhoyo khange abonakale kuwe.’ ”

2UNdikhoyo wabuza wathi: “Yintoni na le isesandleni sakho?” UMosis waphendula wathi: “Yintonga.”

3Waza ke uNdikhoyo wathi: “Yiphose phantsi.” Eyiphosile ke uMosis, yajika yaba yinyoka. UMosis wee jaju phaya,

4uNdikhoyo wathi: “Yibambe ngomsila.” Ngenene ke wayibamba, yaza yajika yayintonga kwakhona.

5Ke uNdikhoyo wathi: “Uya kwenjenjalo ke ukuze amaSirayeli aqonde ukuba ubonene noNdikhoyo uThixo wookhokho bawo:

Abraão, o Deus de Isaque e o Deus de Jacó, de fato, apareceu a ti!”

6 E disse mais o SENHOR: “Põe a mão no peito”. E ele colocou a mão sobre o peito e, assim que a tirou, eis que a mão estava coberta com uma doença semelhante à lepra, esbranquiçada como a neve.

7 “Torna, pois, a colocar a mão sobre o peito”. E Moisés levou sua mão enferma ao peito e assim que a retirou, eis que estava saudável como o restante do seu corpo.

8 Então explicou-lhe o SENHOR: “Assim, se não acreditarem em ti e não ouvirem a voz do teu primeiro sinal, acreditarão na comunicação do segundo sinal.

9 Se não acreditarem nesses dois sinais, nem derem atenção às tuas palavras, tomarás da água do Rio e a derramarás na terra seca; e a água que tomares do Rio se transformará em sangue sobre a terra seca!”

10 No entanto, argumentou Moisés a Yahweh: “Perdão, ó meu Senhor! Todavia eu não tenho facilidade para expressar-me, nem no passado nem agora que falaste a teu servo. Não consigo falar bem, pesada é minha língua!”

11 Respondeu-lhe o SENHOR: “Quem dotou o homem de boca e língua? Quem fez o surdo ou mudo? Não Sou Eu, Yahweh?

12 Agora, portanto, vai; e Eu estarei contigo, e te ensinarei o que hás de falar e como falarás!”

13 Contudo, insistiu Moisés com Ele: “Ah, Senhor! Peço-te que envies outra pessoa”.

uThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.”

6Waphinda wathetha naye uNdikhoyo wathi: “Qhusheka isandla sakho ngaphantsi kwesambatho sakho.” Wasifaka ke, wabuya wasikhupha, suka saphuma simhlophe qhwa liqhenqa.

7Waza wathi uNdikhoyo kuye: “Phinda usiqhusheke.” Akuba ephindile, wabuya wasikhupha, sabuya siphilile sifana nenxalenye yomzimba wakhe.

8Waqhuba wathi uNdikhoyo kuye: “Ukuba abakholwanga ngumqondiso wokuqala, noko baya kwanela ngulo wesibini.

9Xa ke benganeliseki yile miqondiso mibini, bengafuni nokukuphulaphula, uze ukhe amanzi emlanjeni iNayile, uwagalele emhlabeni; uya kubona ke aya kujika abe ligazi.”

10Kambe ke uMosis waphendula uNdikhoyo wathi: “Hayi, Mhlekazi, kaloku andizange ndibe liciko ekuthetheni; ibe ke nangoku okoko wathethayo nam, andikwazi ukuthetha; ndilithintitha.”

11UNdikhoyo ke wathi kuye: “Kanti ngubani owenza umntu akwazi ukuthetha; ingubani omenza angakwazi, okanye abe sisithulu? Ngubani omenza abone, okanye abe yimfama? Asindim na, mna Ndikhoyo?

12Hayi bo! Hamba, kaloku ndiya kukunceda ukwazi ukuthetha, ndiya kukufundisa oko ufanele ukukuthetha.”

13UMosis uphinde wathi: “Hayi, Mhlekazi, ndiyakubongoza, thuma mntu wumbi.”

[14] Então o SENHOR se irou com Moisés e lhe disse: “Não tens o teu irmão Arão, o levita? Eu sei que ele tem facilidade para falar. E eis que ele já está chegando, vem ao teu encontro e vendo-te, muito se alegrará em seu coração.

[15] Tu pois, lhe ministrarás e lhe colocarás na boca as palavras que ele deverá expressar. Eu estarei na tua boca e na boca de teu irmão, e vos direi o que devereis fazer em cada circunstância.

[16] Assim como Deus fala ao profeta, tu falarás a teu irmão, e ele será teu porta-voz diante de todo o povo.

[17] Toma, pois, esse cajado em tua mão: é com ele que irás realizar os sinais miraculosos!”

Moisés volta para o Egito

[18] Assim que deixou o lugar sagrado, voltou Moisés para Jetro, seu sogro, e lhe rogou: “Deixa-me ir e voltar a meus irmãos que estão no Egito, a fim de ver se ainda vivem”. Ao que lhe respondeu Jetro: “Vai em paz!”

[19] Ora, Yahweh tinha orientado Moisés, em Midiã: “Vai, retorna para o Egito, porque estão mortos todos os que atentavam contra tua vida!”

[20] Tomou, pois, Moisés, sua esposa e seus filhos, ajudou-os a montar em um jumento e voltou para o Egito. Moisés levou em sua mão o cajado de Deus.

[21] E Yahweh ordenou a Moisés: “Quando voltares ao Egito, sabe que todos os prodígios que coloquei em tua mão, hás de realizá-los na presença do Faraó. Entretanto, Eu lhe endurecerei o coração para que não deixe o povo partir.

[14]Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wacaphuka nguMosis, wathi: “Andithi kanene unomkhuluwa onguAron umLevi? Ndiyazi ukuba yena uyakwazi ukuthetha; nangoku nanko esiza kukuhlangabeza; futhi uya kuvuya gqitha akukubona.

[15]Wena ke uya kubhekisa kuye, abe ngumlomo wakho. Mna ndiya kuninceda nobabini ekuthetheni, ndinazise emanikwenze.

[16]Ke yena uya kuba ngumlomo wakho ebantwini, wena ke ube nguthixo kuye, athethe egameni lakho.

[17]Kambe ke sukuyishiya le ntonga; kaloku uya kuyenza ngayo imimangaliso.”

UMosis uphindela eJiputa

[18]Ke kaloku uMosis wagoduka waya kwaJetro uyise womkakhe, wafika wathi: “Ndikhulule ndiye eJiputa kumawethu, khon' ukuze ndive impilo yawo.” Wathi uJetro: “Hamba. Ndlela-ntle!”

[19] UNdikhoyo ke wathetha noMosis kwalapho eMidiyan, wathi: “Hamba uphindele eJiputa, kuba abantu ababezungula ubomi bakho abasekho.”

[20]UMosis ke wakhwelisa umkakhe nabantwana edonkini, waphindela kwelaseJiputa, ephethe intonga awayeyiyalezwe nguThixo.

[21]UNdikhoyo wamyaleza uMosis, wathi: “Wakufika eJiputa uzuyenze phambi kokumkani yonke imimangaliso endikunike amandla okuyenza. Kodwa ke ndiya kuyiqaqadekisa intliziyo yakhe, angavumi ukuwakhulula amaSirayeli.”

[22] Então dirás ao Faraó: Assim diz Yahweh: meu filho primogênito é Israel!

[23] E Eu já te ordenei: 'Faze partir o meu filho Israel, para que me sirva!' Mas uma vez que recusas deixá-lo partir, eis que farei perecer o teu filho primogênito!"

[24] Aconteceu que no caminho para o Egito, numa hospedaria, o Anjo do SENHOR veio ao encontro de Moisés para tirar a vida de seu filho.

[25] Contudo, Zípora pegou uma pedra afiada, cortou o prepúcio de seu filho e com ele tocou os órgãos genitais de Moisés, e declarou: "Verdadeiramente tu és para mim um esposo de sangue!"

[26] Ela disse "esposo de sangue", referindo-se à circuncisão. Nessa ocasião, Deus poupou Moisés.

[27] Nesse meio-tempo Yahweh ordena a Arão: "Vai ao encontro de Moisés na direção do deserto!" Ele partiu e, encontrando-o no monte de Deus, o saudou com um beijo de paz.

[28] Moisés relatou a Arão todas as palavras de Yahweh, com as quais o enviara, e todos os sinais miraculosos que lhe havia ordenado realizar.

[29] Assim, Moisés e Arão partiram para o Egito e reuniram todos os anciãos da comunidade dos filhos de Israel.

[30] Arão repetiu todas as palavras com que Yahweh tinha instruído Moisés, e em seguida Moisés realizou os sinais miraculosos diante do povo.

[31] Todos acreditaram e, quando souberam que o SENHOR havia decidido vir em

[22]Waqhuba wathi: "Uze uthi apho kukumkani: 'UNdikhoyo uthi: USirayeli ngunyana wam wamazibulo;

[23]ngoko ke mkhulule aye kundikhonza; kuba ukuba ngaba uyala, ndiya kubulala unyana wakho wamazibulo. ' "

[24]Kwathi apho babelalise khona uNdikhoyo wamvunukela uMosis, efuna ukumbulala,

[25-26]koko wesuka uZipora wathatha intshengeca yelitye lenyengane, wolusa unyana wakhe, waza ngokunjalo wachukumisa iinyawo zikaMosis, esithi: "Ngenene kum ungumyeni wegazi." Wayesitsho exela ulwaluko. Ngoko ke uNdikhoyo wamyeka uMosis.

[27]Wathi ke uNdikhoyo kuAron: "Yiya entlango, uhlangabeze uMosis." Wanduluka ke uAron, baza bahlangana entabeni kaThixo, wamanga.

[28]UMosis ke wabalisela uAron onke amazwi awawathethayo kuye uNdikhoyo, ngokunjalo nemiqondiso awamnika yona.

[29]Bahamba bobabini ke, bafika bawaqokelela amadoda amakhulu akwaSirayeli.

[30]Ke uAron wawaphalaza kuwo onke amazwi awayethethwe nguNdikhoyo kuMosis, ngokunjalo nemiqondiso leyo wayeyinikiwe wayenza phambi kwabo.

[31]Bathi ke abantu, bakuba bevile, bebonile nokubona, baneliseka, baqonda ukuba uthe

socorro dos filhos de Israel, tendo contemplado sua opressão, prostraram-se com o rosto rente ao chão e adoraram a Deus.

Êxodo 5

Moisés e Arão falam a Faraó

1 Mais tarde, Moisés e Arão foram falar com o rei do Egito e lhe anunciaram: “Assim diz Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel: ‘Deixa meu povo partir, para que possam celebrar uma festa em meu louvor, no deserto!”

2 Replicou o Faraó: “Quem é Yahweh para que ouça a sua voz e deixe Israel partir? Não conheço Yahweh, tampouco permitirei que os israelitas saiam de minhas terras!”

3 Então eles explicaram: “O Deus dos hebreus veio ao nosso encontro. Deixa-nos ir pelo caminho de três dias de marcha no deserto, a fim de oferecermos sacrifícios a Yahweh, o SENHOR, caso contrário Ele nos atingirá com pragas, pestes ou espada!”

4 No entanto, questionou-lhes o rei do Egito: “Por que, Moisés e Arão, quereis dispersar o povo dos seus trabalhos? Ide às vossas tarefas!”

5 E disse mais o Faraó: “Eis que agora a população desta terra é numerosa, e vós a fazeis interromper seus serviços!”

Faraó aflige os israelitas

6 E, no mesmo dia, o Faraó deu a seguinte ordem aos feitores e capatazes responsáveis pelo povo:

kanti uNdikhoyo usivile isimbonono samaSirayeli, wayiqonda nembandezelo akuyo. Ngoko ke besuka bee guqaqa banqula.

Eyemfuduko 5

UMosis noAron phambi kokumkani

1Ke kaloku uMosis noAron baya kukumkani waseJiputa, bathetha naye bathi: “Wenjenje ukuthetha uNdikhoyo uThixo wamaSirayeli: ‘Khulula abantu bam bahambe baye kundenzela itheko entlango.’ ”

2Ukumkani ke yena waphendula wathi: “Kanti kuxa engubani uNdikhoyo ukuba ndingade ndimthobele ndiwakhulule amaSirayeli? Hayi bo! Andazani naye mna; ngoko ke amaSirayeli àkahamb' apha.”

3Ke bona bathi: “Sibonene naye uThixo wamaHebhere. Siyakubongoza ke ngoko ukuba usivumele sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, siyokwenzela uNdikhoyo uThixo wethu idini; kungenjalo úya kusihlasela ngezibetho okanye ngekrele.”

4Ukumkani wabaphendula ooMosis noAron wathi: “Kutheni ke ngoku nibaphazamisa nje aba bantu emsebenzini wabo? Buyelani emsebenzini!”

5Waza ukumkani waleka ngelithi: “Niyabona ukuba olu hlanga lwenu selwande kakhulu, kodwa nina nithi maluyeke lungasebenzi!”

6Kwangaloo mini ukumkani wabhekisa kwiinduna kunye namagosa abasebenzi,

7 “Não deis mais palha ao povo, para fazer tijolos, como ontem e anteontem. Eles mesmos que vão e ajuntem para si a palha de que necessitam.

8 Todavia, exigireis deles a mesma quantia de tijolos que faziam ontem e anteontem. Não abatereis nada, porque são preguiçosos. É por isso que clamam: ‘Vamos sacrificar ao nosso Deus!’

9 Torne-se pesado o serviço desses homens, a fim de que se dediquem a ele e não prestem atenção a palavras mentirosas!”

10 Os feitores e os capatazes foram e anunciaram ao povo: “Assim diz o Faraó: ‘Eu não vos darei mais palha!

11 Ide vós mesmos, e procurai palha onde a puderdes achar. Porque não se diminuirá nada do vosso trabalho!’”

12 Então o povo se espalhou por toda a terra do Egito para ajuntar restolho, a fim de transformá-lo em palha.

13 Entrementes, os feitores os pressionavam, esbravejando: “Acabai o vosso trabalho, a tarefa de um dia, como quando havia palha!”

14 Os capatazes israelitas indicados pelos feitores do Faraó eram açoitados e interrogados: “Por que, ontem e hoje, não acabastes de fazer os tijolos conforme o vosso rendimento de anteontem?”

15 Então, os capatazes israelitas foram reclamar com o Faraó, argumentando: “Por que tratar assim os teus servos?

16 Não dão mais palha a teus servos, e nos ordenam: ‘Fazei tijolos!’ Eis que os teus

7wathi: “Ze ningabi sabanika ingca yokwenza izitena abasebenzi njengangaphambili, koko mabazizabalazele ngokwabo,

8kodwa lona inani lezitena abazenzayo lingabi ngaphantsi nakancinci kwelesiqhelo, kuba bangenwe bubuvila, yiyo le nto sebekhala ngokuya kubingelela kuThixo wabo.

9Ngamampunge lawo; baqhubeni basebenze bathi nca, khon' ukuze bangabi nalo ithuba lokuphulaphula imbudede yobuxoki.”

10Ngoko ke iinduna namagosa zabaxelela abasebenzi zathi: “Ukumkani uthi anisazukuyinikwa ingca yokwenza izitena,

11koko noyichola-chola ngokwenu naphi na apho ninokuyizuza khona; kambe ke lona inani lezitena akufuneki lihle nakancinci.”

12Abasebenzi ke bathi saa kulo lonke elaseJiputa, berhugula ingca.

13Ke zona iinduna zazingabaphi thuba, zisithi: “Wugqibeni umsebenzi wosuku ngalunye ngokwesiqhelo, njengangokuya beniyinikwa ingca.”

14Amagosa angamaSirayeli awayemiselwe ziinduna ezingamaJiputa ayekatswa zizo, kusithiwa: “Kutheni izitena zingafikeleli nje kwinani lesiqhelo?”

15Kwesi sithuba ke amagosa lawo aya kukhalaza kukumkani, athi: “Mhlekazi, ngani ukuba uziphathe ngolu hlobo izicaka zakho?

16Awusasiniki ingca yokwenza izitena, kodwa siyaqhutywa, kusithiwa masenze

servos são espancados, contudo a culpa é do teu próprio povo!”

17 Ele, porém, replicou: “Vós sois muito preguiçosos; e é por isso que dizeis: ‘Vamos sacrificar a Yahweh!’

18 Ide, pois, imediatamente, e trabalhai! Palha, entretanto, não vos será fornecida. Porém, fareis a mesma quantidade de tijolos!”

19 “Então os capatazes israelitas viram-se em má situação, porquanto se lhes dizia: ‘Não diminuireis em nada a produção de tijolos de cada dia’”.

Os israelitas queixam-se de Moisés e Arão

20 Assim que deixaram a presença do Faraó, encontraram Moisés e Arão que estavam à espera deles,

21 e os responsabilizaram: “Que Yahweh vos observe e julgue! Pois nos tornastes odiosos aos olhos do Faraó e aos olhos de seus servos, pondo-lhes a espada na mão para nos matar!”

22 Então Moisés, voltando-se para Yahweh, suplicou: “Senhor, por que maltratas este povo? Por que me enviaste?

23 Pois desde que me apresentei ao Faraó, para lhe falar em teu Nome, ele tem impingido mais sofrimento aos israelitas e, de fato, ainda não fizeste nada para ajudá-los!”

Êxodo 6

1 Então Yahweh respondeu às súplicas aflitas de Moisés: “Agora, portanto, verás o que hei de fazer ao Faraó, pois é pela

izitena. Ewe, siyabethwa, kanti isizathu sisebantwini bakho.”

17Ukumkani waphendula wathi: “Niyanqena, mavilandini! Yiyo le nto nibhomboloza ngokuya kubingelela kuNdikhoyo.

18Hambani nimk' apha! Emsebenzini! Anizukunikwa nangca apha, ibe ke zona izitena enimiselwe ukuba nizenze soze ziwe phantsi.”

19Amagosa lawo athe akuva kusithiwa inani lezitena soze lihle, aqonda ukuba lixubayele.

20Athi ke akudibana noMosis noAron, bevela kwakumkani:

21“Wanga uNdikhoyo wayibona le nto wanigweba, kuba nisigqwalisile kukumkani neenduna zakhe; ngoku bafumene isizathu sokusibulala.”

UMosis uyakhalaza

22UMosis ke waya kukhala kuNdikhoyo, wathi: “Awu, Mhlekazi, ngani ukuba aba bantu ubazisele ishwangusha elinje? Wawundithumela ntoni kakade?

23Kuba ke oko ndaya kuthetha nokumkani ngenxa yakho, wabaphatha gadalala, ibe ke nawe awubahlanguli konke.”

Eyemfuduko 6

1Wathi ke uNdikhoyo kuMosis: “Uza kuyibona ke ngoku into endiza kuyenza kukumkani waseJiputa. Ngamandla am

intervenção de minha mão poderosa que os fará partir, e por minha mão poderosa os expulsará do seu país!”

Deus promete livrar os israelitas

2 Disse mais Deus a Moisés: “Eu Sou Yahweh!

3 Apareci a Abraão, a Isaque e a Jacó como El-Shaddai, Deus Todo-Poderoso; mas pelo meu Nome, Yahweh, não lhes fui conhecido.

4 Também estabeleci a minha Aliança com eles, para dar-lhes a terra de Canaã, a terra em que residiam como estrangeiros.

5 E ouvi o gemido dos filhos de Israel, aos quais os egípcios escravizaram, e me lembrei da minha Aliança.

6 Portanto, dirás aos filhos de Israel: Eu Sou Yahweh, e vos farei sair de debaixo das cargas do Egito, vos libertarei da sua escravidão e vos resgatarei com braço forte e com poderosos atos de juízo.

7 Eu vos tomarei por meu povo, e Eu serei o vosso Deus. Então vós aprendereis que Eu Sou Yahweh, o vosso Deus, que vos faz sair de sob as cargas pesadas e injustas do Egito.

8 Depois Eu vos farei entrar na terra que, com a mão levantada, jurei que daria a Abraão, a Isaque e a Jacó. Eu vo-la darei como possessão: Eu Sou Yahweh!”

9 Moisés anunciou exatamente isso aos filhos de Israel, contudo eles não ouviram a Moisés por causa do desespero da alma e da cruel escravidão que padeciam.

10 Então o SENHOR falou a Moisés e ordenou-lhe:

ndomnyanzela abakhulule aba bantu; enyanisweni ndiza kumenza abagxothe ngokwakhe emhlabeni wakhe.”

UThixo ubhekisa kuMosis

2UThixo wathetha noMosis wathi: “ NdinguNdikhoyo.

3Ndabonakala kuAbraham nakuIsake nakuYakobi njengoThixo uSomandla, kodwa ke andizange ndizazise kubo ngegama lam uNdikhoyo.

4Ngaphezu koko ndênza umnqophiso nabo, ndathi ndobanika ilizwe laseKanana, apho boma khona baxhwarhe okwabahambi.

5Ngoku ke ndisivile isingqala samaSirayeli ngenxa yokukhotyozwa ngamaJiputa, ndaye ke ndiwukhumbule loo mnqophiso.

6Ngoko ke yithi kumaSirayeli: ‘NdinguNdikhoyo, ndaye ke ndiza kunikhupha kwingcinezelo yamaJiputa, ndinikhulule kwiimbophelelo zawo. Ndiya kunihlangula ngesandla esigadalala nangezigwebo ezingqongqo.

7Ndiya kunenza abantu bam, mna ndibe nguThixo wenu. Nani ke niya kuqonda ukuba mna Ndikhoyo ndinguThixo wenu onikhulule ebukhobokeni eJiputa.

8Ndiya kunikhokela, ndinise kwilizwe endafungayo ukuba ndolinika uAbraham, uIsake, noYakobi. Ndiya kunipha lona, libe lelenu; kaloku mna ndinguNdikhoyo.’ ”

9La mazwi uMosis wawaxela kumaSirayeli, kodwa ngenxa yokudakumba nangenxa yenkohlakalo yasebukhobokeni akamphulaphulanga.

10Wathi ke uNdikhoyo kuMosis:

[11] "Vai dizer ao Faraó, rei do Egito, que faça sair de seu país os filhos de Israel!"

[12] Moisés, porém, alegou na presença do SENHOR: "Eis que os próprios filhos de Israel não me têm dado ouvidos, como então me ouvirá o Faraó, rei do Egito? Ainda mais que sou incircunciso de lábios, tenho a língua presa e não me é fácil falar.

[13] No entanto, o SENHOR ordenou a Moisés e Arão que transmitissem aos israelitas e ao Faraó, rei do Egito, que tinham ordem expressa de Deus para tirar os filhos de Israel do Egito, imediatamente.

Genealogias de Rúben, Simeão e Levi

[14] Eis os chefes das famílias israelitas: Os filhos de Rúben, o primogênito de Israel: Enoque, Palu, Hezrom e Carmi. Esses foram os clãs de Rúben.

[15] Os filhos de Simeão foram: Jemuel, Jamim, Oade, Jaquim, Zoar e Saul, filho de uma Cananeia. Esses, pois, foram os clãs da tribo de Simeão.

[16] Estes são os nomes dos filhos de Levi, por ordem de nascimento: Gérson, Coate e Merari. Levi viveu cento e trinta e sete anos.

[17] Os filhos de Gérson, conforme seus clãs, foram Libni e Simei.

[18] Os filhos de Coate foram Anrão, Isar, Hebrom e Uziel. Coate viveu cento e trinta e três anos.

[19] Os filhos de Merari foram Mali e Musi. Esses foram os clãs da tribo de Levi, por ordem de nascimento.

[11]"Hamba uye kukumkani waseJiputa, uthi ndithi kuye makawakhulule amaSirayeli, aphume emhlabeni wakhe."

[12]UMosis waphendula wathi: "Njengokuba engandiphulaphuli nje amaSirayeli, uya kundiphulaphula njani ke ukumkani? Ibe ke andililo naciko."

[13]Naxa kunjalo uNdikhoyo wathetha nabo ooMosis noAron, wabathumela kumaSirayeli nakukumkani, esithi amaSirayeli makakhutshwe aphume eJiputa.

Izindlu zakwaRubhen nakwaSimon nakwaLevi

[14]Nazi iintloko zezindlu. Oonyana bakaRubhen amazibulo kaSirayeli, nguHanoki, noPalu, noHezeron, noKarmi. Ezo ke zizindlu zakwaRubhen.

[15]Oonyana bakaSimon nguJemuweli, noJamin, no-Ohadi, noJakin, noZoware, kunye noShawule unyana womKananakazi. Ezi ke zizindlu zakwaSimon.

[16]Oonyana bakaLevi ngokuzana kwabo nguGershon, noKohati, noMerari. ULevi ke wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anesixhenxe.

[17]Naba oonyana bakaGershon ngokwezindlu zabo: nguLibheni noShimeyi.

[18]Oonyana bakaKohati nguAmram, noIzare, noHebron, noUziyeli. Ke yena uKohati wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anantathu.

[19]Oonyana bakaMerari nguMalin Mushi. Ezi ke zizindlu zakwaLevi ngokokuzana kwazo.

[20] Anrão tomou por mulher sua tia Joquebede, que lhe deu à luz Arão e Moisés. Anrão viveu cento e trinta e sete anos.

[21] Os filhos de Isar foram Corá, Nefegue e Zicri.

[22] Os filhos de Uziel foram Misael, Elzafã e Sitri.

[23] Arão tomou por mulher a Eliseba, filha de Aminadabe, irmã de Naassom, e ela lhe deu à luz Nadabe, Abiú, Eleazar e Itamar.

[24] As filhas de Corá foram Assir, Elcana e Abiasafe. Essas foram as famílias dos coraítas.

[25] Eleazar, filho de Arão, tomou por esposa uma das filhas de Putiel, e ela lhe deu um filho chamado Fineias. São esses os chefes das famílias e dos grupos de famílias da tribo de Levi.

[26] Arão e Moisés foram os que receberam de Yahweh, o SENHOR Deus, esta ordem: "Fazei sair os filhos de Israel das terras do Egito, de acordo com suas tribos e clãs!"

[27] Foram eles, Moisés e Arão, que conclamaram o Faraó, rei do Egito, a fim de tirarem os israelitas do Egito.

Deus anima Moisés a falar outra vez a Faraó

[28] Ora, quando o SENHOR falou com Moisés no Egito,

[29] assegurou-lhe: "Eu Sou Yahweh; dize ao Faraó, rei do Egito, tudo quanto Eu te digo!"

[30] Contestou Moisés, na presença de Deus: "Eu não tenho a capacidade de falar com facilidade; como pois, me ouvirá o Faraó?"

Êxodo 7

[20]UAmram wathatha udade boyise uJokobhedi, owamzalela uAron noMosis. UAmram wahlala iminyaka elikhulu elinamashumi amathathu anesixhenxe.

[21]Oonyana bakaIzare nguKora, noNifege, noZikri.

[22]Oonyana bakaUziyeli nguMishayeli, noElifazan, noSitri.

[23]UAron wathatha uElishebha intombi ka-Aminadabhi, udade boNashon, owazala uNadabhi, noAbhihu, noElazare.

[24]Oonyana bakaKora nguAsire, noElikana, noAbhiyasafu. Ezo ke zizindlu zakwaKora.

[25]UElazare unyana ka-Aron wathatha enye yeentombi zikaPutiyeli eyazala uFineyasi. Ezi ke ziintloko zezindlu zakwaLevi.

[26]Ngulaa Aron ke lo wathi benoMosis bathunywa nguNdikhoyo wathi: "Hambani niyokukhupha amaSirayeli eJiputa."

[27]Ngabo abâthetha nokumkani waseJiputa ngokukhululwa kwamaSirayli eJiputa, lo Mosis nalo Aron.

[28]Mhlenikwezeni uNdikhoyo wathetha noMosis kwelaseJiputa,

[29]wathi kuye: "NdinguNdikhoyo; ukumkani waseJiputa mxelele yonke into endiyithetha kuwe."

[30]Kambe ke uMosis wathi: "Uyandazi ukuba andilociko lokuthetha; angandiphulaphula njani ukumkani?"

Eyemfuduko 7

UNdikhoyo uyaleza uMosis noAron

[1] Então o SENHOR lhe respondeu: “Eis que te encherei com o poder de Deus perante o Faraó, e teu irmão Arão será o teu profeta.

[1] UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Uyabona ke, wena ndiza kukwenza ube ngathi unguThixo kukumkani waseJiputa, yena umkhuluwa wakho abe ngumshumayeli wakho.

[2] Falarás tudo o que eu te ordenar; e Arão, teu irmão, será teu porta-voz junto ao Faraó, para que deixe partir da terra os filhos de Israel.

[2]UAron uze umxelele konke endikuyalela kona, ke yena uya kubhekisa kukumkani, atsho akhulule amaSirayeli aphume emhlabeni wakhe.

[3] Eu, no entanto, endurecerei o coração do Faraó e multiplicarei no país do Egito os meus sinais e os meus prodígios.

[3]Kambe ke ndiya kumqaqadekisa ukumkani, angavumi ukuwakhulula amaSirayeli noba sendiyiphinda-phinda kangakanani na imiqondiso nemimangaliso yam kwelaseJiputa.

[4] O Faraó não vos ouvirá; e eu porei minha mão sobre o Egito e farei sair das terras do Egito os meus exércitos, o meu povo, os israelitas, com portentosos atos de juízo.

[4]Ngoko ke ndiya kuba ngqongqo kwelaseJiputa, ndilohlwaye. Ke bona abantu bam amaSirayeli ndiya kubakhupha ngendlu yabo.

[5] Saberão os egípcios que Eu Sou Yahweh, quando estender minha mão sobre todo o Egito e fizer sair de seu domínio os filhos de Israel!”

[5]Igunya endiya kuwakhupha ngalo amaSirayeli eJiputa liya kubetha aqonde amaJiputa ukuba ndinguNdikhoyo.”

[6] Moisés e Arão fizeram como Yahweh ordenara.

[6]Ke uMosis noAron bênza kanye ngendlela ababeyalelwe ngayo nguNdikhoyo.

[7] Moisés tinha oitenta anos, e Arão oitenta e três, quando intimaram o Faraó.

[7]Ukuthetha kwabo nokumkani waseJiputa uMosis wayenamashumi asibhozo eminyaka, ke yena uAron emashumi asibhozo nantathu.

Induku ka-Aron

[8] Então Yahweh orienta Moisés e Arão:

[8] UNdikhoyo wabayala ooMosis noAron, wathi:

[9] “Se o Faraó vos requerer: ‘Apresentai um milagre em vosso favor!’ – então dirás a Arão: ‘Toma o teu cajado e lança-o diante do Faraó; e ele se transformará numa serpente’”.

[9]“Xa ukumkani esithi: ‘Ndibonise ummangaliso,’ uze uthi kuAron: ‘Phosa induku yakho phambi kokumkani.’ Yojika ke ibe yinyoka.”

[10] Assim Moisés e Arão foram ao Faraó, e fizeram tudo como Yahweh lhes havia mandado. Lançou Arão o seu cajado diante do Faraó e perante seus conselheiros, e o cajado virou uma serpente.

[11] O Faraó, contudo, mandou chamar os sábios e feiticeiros da corte; e também os magos do Egito reproduziram o mesmo fenômeno, por meio das suas ciências ocultas.

[12] Cada um deles jogou ao chão um bordão, e estes se transformaram em cobras. Mas o cajado de Arão devorou os bordões deles.

[13] Apesar disso, o coração do Faraó se endureceu ainda mais, e ele não quis dar ouvidos ao pleito de Moisés e Arão, como o SENHOR tinha predito.

O coração de Faraó mostra-se endurecido

[14] Então ordenou Yahweh a Moisés: "O coração do Faraó está irredutível; ele se recusou a deixar o povo partir.

[15] Vai ao Faraó, pela manhã: eis que ele sairá às águas; e estarás à espera dele na margem do Nilo. Tomarás na mão o cajado que se transformou em serpente.

[16] Tu lhe dirás: "Yahweh, o Deus dos hebreus, me enviou a ti para te dizer: Deixa o meu povo partir, para que me sirva no deserto. E eis que até agora não tens ouvido.

[17] Assim diz Yahweh: 'Nisto saberás que Eu Sou Yahweh: com este cajado que trago à mão, ferirei as águas do Nilo e elas se converterão em sangue;

[10]Bahamba ke uMosis noAron, baya kukumkani, benza njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo. UAron wayiphosa phambi kokumkani namaphakathi akhe induku yakhe, yaza yajika yayinyoka.

[11]Kuthe ke kwakuba nje, ukumkani wabiza oosiyazi namaqili elaseJiputa, nabo bazijika ezabo iinduku ngemilingo yabo.

[12]Ewe, baziphosa phantsi, yayileyo yajika yaba yinyoka; koko ke yona eka-Aron yasuka yaziginya zonke.

[13]Kodwa ke ukumkani wenza njengoko wayetshilo uNdikhoyo, intliziyo yakhe yaqaqadeka, akabaphulaphula.

Izibetho kwelaseJiputa: Igazi

[14]Ke kaloku uNdikhoyo wathi kuMosis: "Ukumkani uneenkani; akavumi ukubakhulula abantu bam.

[15]Ngoko ke, phumani kusasa xa aya emlanjeni, niyokumlindela elunxwemeni lomlambo, niphethe laa nduku yayijike yaba yinyoka.

[16]Thethani naye nenjenje: 'UNdikhoyo uThixo wamaHebhere wandithuma esithi: "Khulula abantu bam, baye kundinqula entlango!" Kambe ke awukayenzi loo nto unangoku.

[17]Ngoku ke uNdikhoyo uthi: "Nantsi ke into eza kukwenza ukuba uqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo" – la manzi omlambo iNayile ndiza kuwabetha ngale nduku isesandleni sam, atsho ajike abe ligazi.

[18] os peixes do Rio morrerão, o Rio cheirará mal, e os egípcios não poderão mais beber das águas do Nilo!'"

[18]Iintlanzi ziya kufa, umlambo utsho unuke, amaJiputa atsho awacekise amanzi eNayile.' "

A primeira praga: as águas tornam-se em sangue

[19] Disse mais Yahweh a Moisés: "Dize a Arão: 'Toma o teu cajado e estende a tua mão sobre as águas do Egito, sobre seus rios, sobre seus canais, sobre suas lagoas e sobre todos os seus reservatórios, para que se convertam em sangue. Haja sangue em toda a terra do Egito, até nas árvores e nas pedras!'"

[19]UNdikhoyo wayalela uMosis ukuba athi kuAron: "Thatha induku yakho, uwalekuze ngayo amanzi aseJiputa, emilanjeni, ezintlanjeni, emachibini, nasemaquleni, atsho ajike abe ligazi. Koba ligazi ke kulo lonke elaseJiputa; nditsho nasezityeni zomthi nakwezamatye."

[20] Moisés e Arão agiram como Yahweh lhes havia ordenado. Arão levantou seu cajado, feriu as águas que estavam no Nilo, diante dos olhos do Faraó e de seus conselheiros; e, imediatamente, toda a água do Rio se converteu em sangue.

[20]UMosis noAron benza njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo. UAron wayiphakamisa induku yakhe ekho ukumkani namaphakathi akhe, wawabetha amanzi omlambo iNayile, aza ke onke amanzi omlambo lowo ajika aba ligazi.

[21] Os peixes do Nilo morreram. O Rio poluiu-se, e os egípcios não podiam beber a água do Nilo. E houve sangue por todo o país do Egito.

[21]Zafa ke iintlanzi apho emlanjeni, aza amanzi awo anuka kangangokuba amaJiputa angabi nako ukuwasela; yaba ligazi nje konke kwelaseJiputa.

[22] Os magos do Egito, porém, com suas ciências ocultas, fizeram o mesmo: o coração do Faraó se endureceu e não deu ouvido a Moisés e Arão, como o SENHOR havia predito.

[22]Ngemilingo yawo amaqili aseJiputa nawo ayenza loo nto yayisenziwa ngooMosis. Ngenxa yoko ukumkani waqaqadeka, akavuma ukubaphulaphula ooMosis noAron njengoko wayetshilo uNdikhoyo.

[23] Ao contrário, deu-lhes as costas e retornou a seu palácio. Nem mesmo esse prodígio seu coração considerou.

[23]Ndaweni yaloo nto wasuka wee khwitshi wangena ebhotwe, akayikhathalela le nto ihlileyo.

[24] Todos os egípcios cavaram pequenos poços às margens do Rio com o objetivo de encontrar alguma água potável.

[24]AmaJiputa wona azigrumbela amanzi apho kufuphi nomlambo, kuba la omlambo ayengaseleki.

Amasele

[25] Passaram-se sete dias depois que o SENHOR feriu o Nilo.

[25]Kwadlula iintsuku ezisixhenxe emveni kwesibetho saseNayile.

Êxodo 8

Eyemfuduko 8

A praga das rãs

1 Falou Yahweh a Moisés: “Vai ter com o Faraó e dize-lhe: ‘Assim diz o SENHOR Deus: Deixa o meu povo partir, para que me sirva.

2 Se te recusares a deixá-lo partir, eis que infestarei de rãs todo o teu território.

3 O Nilo ferverá de rãs, e elas subirão e entrarão no teu palácio, nos teus aposentos, no teu quarto de dormir, sobre o teu leito, e nas casas dos teus conselheiros e nas habitações do teu povo, e nos teus fornos e amassadeiras.

4 As rãs virão sobre ti, sobre o teu povo e sobre todos os teus servos’”.

5 Disse mais Yahweh a Moisés: “Dize a Arão: ‘Estende a tua mão com o teu cajado sobre os rios, sobre os canais e lagoas, e faze subir rãs sobre a terra do Egito’”.

6 Arão estendeu a mão sobre as águas do Egito, e subiram rãs e cobriram a terra do Egito.

7 Os magos do Egito, porém, com suas artes e ciências ocultas, realizaram prodígios semelhantes, e fizeram subir rãs sobre a terra do Egito.

8 Então o rei mandou chamar Moisés e Arão, e lhes pediu: “Rogai a Yahweh que afaste estas rãs de mim e do meu povo, e permitirei que o teu povo parta, para que ofereça sacrifícios a Ele”.

9 E Moisés replicou ao Faraó: “Digna-te informar-me quando deverei rogar por ti, por teus conselheiros e por todo o teu povo,

1 UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Yiya kukumkani, uthi ndithi kuye: ‘Khulula abantu bam baye kundinqula.

2Ukuba uyala ukubakhulula, ilizwe lakho ndiya kulihlasela ngesibetho samasele.

3Umlambo iNayile uya kuphuphuma ngamasele; oda aye kufika nakwakho. Aya kutaka-taka endlwini yakho yokulala, emandlalweni, ezindlwini zamaphakathi, nasezindlwini zabo bonke abantu bakho. Amasele aya kugxalathelana kumaziko okubhaka, nakwizitya zokuxovela;

4aya kuxhumela kuwe, kubantu bakho, nakumaphakathi akho.’ ”

5UNdikhoyo wayalela uMosis wathi makathi kuAron: “Yolula isandla sakho, uwalekuze ngenduku leyo amanzi emilambo, aweentlambo, nawamaqula, khon' ukuze kunyakazele amasele kulo lonke elaseJiputa.”

6Ngenene ke uAron wawalekuza amanzi aseJiputa ngenduku yakhe, kwaza kwavela amasele, anyakazela kulo lonke.

7Ngemilingo yawo amaqili aseJiputa âkwazi nawo ukuyenza loo nto yayisenziwa nguAron, aza anyakazela amasele kwelaseJiputa.

8Ke ukumkani wabiza uMosis noAron, wathi kubo: “Khanimbongoze uNdikhoyo awasuse la masele kum nakubantu bam, ukuze mna ndibakhulule abantu bakowenu, baye kubingelela kuNdikhoyo.”

9UMosis waphendula wathi: “Loo nto ndingayenza ngovuyo, nto nje wena misa ixesha ofuna ndikuthandazele ngalo wena

para que as rãs sejam arrancadas de ti e de todas as habitações sobre o teu território, e fiquem restritas somente ao Rio!”

10 “Amanhã!” – respondeu prontamente o Faraó. E Moisés retrucou: “Muito bem, seja conforme a tua palavra, para que saibas que não há ninguém como Yahweh, o nosso Deus.

11 Portanto, as rãs se afastarão de ti, do teu palácio, dos teus conselheiros, e de todas as habitações do teu povo; e ficarão circunscritas apenas ao Nilo!”

12 Assim Moisés e Arão saíram da presença do Faraó; e Moisés clamou a Yahweh por causa das rãs que tinha enviado ao Faraó.

13 E Yahweh fez conforme a palavra de Moisés; e morreram subitamente as rãs que estavam em todas as habitações, nos pátios e nos campos.

14 Juntaram-se montes imensos de rãs mortas, e a terra ficou tomada de um horrível cheiro de putrefação.

15 Apesar disso tudo, assim que o Faraó percebeu que houve alívio ao seu redor, obstinou-se novamente em seu coração odioso. E não deu mais ouvidos a Moisés e Arão. Como Yahweh havia predito.

A praga dos piolhos

16 Disse Yahweh a Moisés: “Dize a Arão: ‘Estende o teu cajado e fere o pó da terra, para que se torne em piolhos por todo o território egípcio!’”

17 Arão estendeu a mão e feriu com seu cajado o pó da terra, e surgiu grande multidão de piolhos que atacaram os

namaphakathi akho nabo bonke abantu bakho, ukuze nahlukane namasele, asale emlanjeni iNayile kuphela.”

10Ukumkani ke waphendula wathi: “Makaphele ngomso.” Wathi ke uMosis: “Kuya kuba njengokuba uthetha, khon' ukuze uqonde ukuba akakho onjengoNdikhoyo uThixo wethu.

11Amasele aya kumka kuwe nasezindlwini zakho, kumaphakathi nakubantu bakho, asale emlanjeni iNayile kuphela.”

12UMosis noAron bamshiya ke ukumkani. UMosis wambongoza uNdikhoyo ngokubhekisele kumasele awayenyakazela kwakumkani.

13Naye uNdikhoyo wenza ngokwesicelo sikaMosis; aza ke amasele afa ezindlwini, ezinkundleni, nasemasimini.

14Aqokelelwa ke, aba ziinqumba; yeka ke iphunga!

15Njengoko wayetshilo uNdikhoyo, ukumkani uthe akubona ukuba kukho isiqabu, waqal' emva ukuqaqadeka, akavuma ukubaphulaphula ooMosis noAron.

Iimbuzane

16 UNdikhoyo wathi kuMosis: “Yitsho kuAron avuse uthuli ngenduku yakhe, ukuze kuvele iimbuzane kulo lonke elaseJiputa.”

17UAron ke waphakamisa induku yakhe, wabetha ngayo emhlabeni, kwaza kwavela iimbuzane, zabahlasela abantu kunye

homens e os rebanhos; todo o pó da terra tornou-se piolhos por toda a terra do Egito.

18 E fizeram os magos o mesmo com suas ciências ocultas, para produzirem piolhos nos homens e no gado.

19 Contudo, os magos afirmaram ao Faraó: “Atentai! Estas são obras do dedo de Deus!” Entretanto, o coração do Faraó permanecia empedernido e também a eles não deu ouvidos, como Yahweh havia predito.

A praga das moscas

20 Depois desse ocorrido, Yahweh ordenou a Moisés: “Levanta-te ao alvorecer e apresenta-te ao Faraó; eis que ele sairá às águas, e dize-lhe: ‘Assim diz Yahweh: Deixa o meu povo partir, para que me preste culto.

21 Se não permitires que meu povo parta, eis que enviarei enxames de moscas contra ti, contra os teus conselheiros e contra o teu povo, e contra todas as tuas habitações. As casas dos egípcios e a terra em que estiverem ficarão repletas de moscas.

22 Contudo, naquele dia tratarei de maneira especial da terra de Gósen, onde habita o meu povo; nenhuma mosca se achará ali, a fim de que saibas que Eu Sou Yahweh, o SENHOR, e estou agindo no meio desta terra!

23 Farei diferença entre o meu povo e o teu povo! Amanhã, pois, se dará este sinal’”.

24 Assim fez Yahweh, e enxames de moscas, em grandes multidões, entraram no palácio do Faraó, nas casas de seus conselheiros, e

nezilwanyana. Kulo lonke elaseJiputa kwaphithizela iimbuzane.

18Athe ke amaqili aseJiputa, akuzama ukwenza kwaloo nto, suka azavela iimbuzane. Kambe ke zaphithizela iimbuzane kulo lonke, zahlasela umntu kwakunye nesilwanyana.

19Ke wona amaqili angqina athi kukumkani: “Ngumnwe kaThixo lo.” Kambe ke, njengoko uNdikhoyo wayetshilo, yena ukumkani wankaniza, akaphulaphula.

Iimpukane

20Waphinda uNdikhoyo wathi kuMosis: “Vuka kusasa ngomso, uhlangabeze ukumkani xa aya emlanjeni, uthethe naye uthi: ‘UNdikhoyo uthi: “Khulula abantu bam, baye kundikhonza;

21okanye xa ungayenzi loo nto, ndiya kukuthumela ngamabubu eempukane, zikuhlasele wena namaphakathi akho, nabantu bakho. Ziya kuzalisa ezindlwini zakho, nakwezabantu bakho, nakuwo wonke umhlaba waseJiputa.

22Kodwa ke eGoshen, apho kukho abantu bam, aziyi kubakho, khon' ukuze uqonde ukuba mna Ndikhoyo ndikho apha kweli lizwe.

23Ndiya kubakhetha abantu bam kubantu bakho ngokubakhusela. Loo mqondiso ke úya kuzibonela ngokwakho kusasa kusile.” ’ ”

24Ngenene ke uNdikhoyo wathumela amabubu eempukane komkhulu nakwimizi yamaphakathi. Lonke elaseJiputa laba

em todas as habitações e nos campos egípcios; e a terra do Egito ficou arruinada por causa das moscas.

25 Então o Faraó chamou Moisés e Arão, e lhes propôs: “Ide, portanto, e oferecei os sacrifícios ao vosso Deus aqui mesmo em terras egípcias!”

26 No entanto, replicou Moisés: “Não convém agir assim, porque os nossos sacrifícios a Yahweh, o nosso Deus, são realizados com animais considerados sagrados pelos egípcios. Se oferecermos, aos olhos dos egípcios, sacrifícios que eles abominam, não haveriam de nos apedrejar?

27 Portanto, nós temos de caminhar três dias pelo deserto adentro, até chegarmos ao lugar onde vamos oferecer nossos sacrifícios a Yahweh, nosso Deus, assim como Ele mesmo nos determinou.

28 Mas o Faraó insistiu: “Eu vos permitirei sacrificar a vosso Deus no deserto, mas não deveis ir muito longe. E, por favor, orai por mim também!”

29 Assegurou-lhe Moisés: “Assim que eu tiver deixado a tua presença rogarei a Yahweh, e amanhã os enxames de moscas abandonarão ao Faraó, a teus conselheiros e a todo o teu povo. Porém, que o Faraó não volte a agir com falsidade, impedindo que o meu povo vá oferecer sacrifícios a Yahweh, no deserto!”

30 Tendo Moisés saído da presença do Faraó, orou a Yahweh.

31 E Yahweh fez o que Moisés lhe tinha pedido em oração, e os enxames de moscas foram para longe do Faraó, dos seus

semngciphekweni wentshabalalo ngenxa yeempukane.

25Ukumkani wababiza ooMosis noAron, wathi kubo: “Hambani niye kubingelela kuThixo wenu, kodwa ningaphumi kweli lizwe.”

26UMosis waphendula wathi: “Ayinakulunga loo nto. Kaloku isilwanyana esiza kwenza ngaso idini likaNdikhoyo uThixo wethu, silisikizi kumaJiputa. Ngoko ke singathi, siyenzile loo nto phambi kwamaJiputa, asixulube ngamatye, sife.

27Kufuneka sithathe uhambo lweentsuku ezintathu, siye entlango, simenzele khona idini uNdikhoyo uThixo wethu ngokomlomo wakhe.”

28Ukumkani waqhuba wathi: “Ndiyanikhulula nihambe niye kubingelela kuNdikhoyo uThixo wenu entlango, kodwa ke ze ningayi kude kakhulu. Ndithandazele ke!”

29UMosis wathi: “Ndakuba ndimkile ke ndiya kumbongoza uNdikhoyo. Wona ke amabubu eempukane aya kumka aphele ngomso, angabi sakuhlupha wena namaphakathi akho, ngokunjalo nabantu bakho. Kambe ke, wena kumkani, ungaphindi usiqhathe ubalele abantu ukuya kubingelela kuNdikhoyo.”

30Ephumile ke uMosis kwakumkani, watarhuzisa kuNdikhoyo,

31waza wazisusa iimpukane ezo kukumkani, kumaphakathi, nasebantwini bakhe, akwasala nale inye.

conselheiros e de todo o seu povo; não ficou uma só mosca em terras egípcias.

32 Contudo, mais uma vez, o Faraó não cumpriu a palavra empenhada e, obstinando-se em seu coração, não deixou o povo partir.

32Nakwesi isihlandlo ukumkani waphinda waqaqadeka, wankaniza, akawakhulula amaSirayeli.

Êxodo 9

A praga da peste nos animais

1 Disse Yahweh a Moisés: "Vai ter com o Faraó e dize-lhe: 'Assim diz Yahweh, o Deus dos hebreus: Deixa o meu povo partir, para que me preste culto.

2 Se te recusares a deixá-lo partir, e o retiveres por mais tempo,

3 eis que a mão de Yahweh ferirá os teus rebanhos que estão nos campos, os jumentos, os camelos, os bois e as ovelhas, com uma peste muito grave.

4 Entretanto, o SENHOR fará distinção entre os rebanhos de Israel e os do Egito e, portanto, nenhum animal pertencente aos Filhos de Israel perecerá.

5 E Yahweh determinou um tempo para executar esse sinal, dizendo: "Amanhã Yahweh fará isso em todo o território egípcio!"

6 No dia seguinte, fez Yahweh o que tinha dito; e todos os animais dos egípcios morreram; mas não morreu nenhum dos animais dos rebanhos dos israelitas.

7 E o Faraó mandou averiguar, e eis que do rebanho dos filhos de Israel não morrera nem um animal sequer. Então o coração do Faraó obstinou-se ainda mais, e não deixou o povo partir.

Eyemfuduko 9

Ukufa kwemfuyo

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: "Yiya kukumkani waseJiputa, uthi kuye: 'UNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthethe wenjenje: "Khulula abantu bam, baye kundikhonza."

2Ukuba uyala ukubakhulula,

3uNdikhoyo uya kukohlwaya ngokuthumela isibetho esoyikekayo kwimfuyo yakho: amahashe, iidonki, iinkamela, iinkomo, iigusha, neebhokhwe.

4Uya kuyikhetha imfuyo yamaSirayeli kweyamaJiputa. EyamaSirayeli imfuyo soze ife.

5Le nto ke iya kwenzeka ngomso.' "

6Ngengomso ke uNdikhoyo wenza njengoko wayethethile. Yonke imfuyo yamaJiputa yafa, kodwa kweyamaSirayeli zange kufe nob' ibe nye.

7Ukumkani wathuma amadoda aye kukhangela ukuba kube njani na kwimfuyo yamaSirayeli, waza waxelelwa ukuba akufanga nale inye. Naxa kunjalo wankaniza, akavuma ukuwakhulula amaSirayeli.

A praga das úlceras

[8] Disse Yahweh a Moisés e Arão: “Apanhai mãos cheias de cinza de forno, e Moisés as lance para o ar, diante dos olhos do Faraó.

[9] Ela se converterá em pó fino sobre toda a terra do Egito e provocará, nos homens e em todos os animais, tumores que se arrebentarão em feridas purulentas por todo o território egípcio.

[10] Eles retiraram cinza de uma fornalha e se puseram diante do Faraó. Moisés espalhou-a pelo ar e úlceras pestilentas começaram a estourar em todos os egípcios e seus animais.

[11] Agora, nem os magos conseguiam manter-se de pé diante de Moisés, pois estavam cobertos de tumores e úlceras, assim como toda a população do Egito.

[12] Contudo, Yahweh endureceu o coração do Faraó, e este não deu ouvidos a Moisés e Arão, como o próprio Yahweh tinha avisado a Moisés.

As ameaças de Deus

[13] Então disse Yahweh a Moisés: “Levanta-te ao romper do dia, e apresenta-te ao Faraó. E lhe dirás: ‘Assim diz Yahweh, o Deus dos hebreus: Deixa o meu povo partir, para que me sirva no deserto.

[14] Porquanto, desta vez, mandarei todas as minhas pragas contra ti, contra teus conselheiros e contra teu povo, para que saibais que não há ninguém semelhante a mim em todo o mundo.

[15] Em verdade, se Eu já tivesse estendido a mão para ferir a ti e a teu povo com peste, terias desaparecido de sobre a face da terra.

Amathumba

[8] UNdikhoyo wabiza uMosis noAron, wathi kubo: “Yikhani uthuthu ngezandla, nize niye kwakumkani, uMosis aluphose phezulu ukumkani ebukele.

[9]Luya kuphephetheka njengothuli kulo lonke elaseJiputa. Luya kudala amathumba aya kubhidla abe zizilonda ebantwini nasezilwanyaneni kulo lonke elaseJiputa.”

[10]Baluthatha ke uthuthu eziko, baya kwakumkani, waza uMosis waluphosa phezulu ekho nokumkani. Lwaphephetheka ke, lwaza lwadala amathumba asuka abhidla aba zizilonda ebantwini nasezilwanyaneni.

[11]Ngenxa yamathumba abo abemilingo bona abazange babe nako ukumelana noMosis. Kaloku onke amaJiputa ayenamathumba.

[12]Kambe ke uNdikhoyo, njengoko wayetshilo kwangaphambili, wamenza waneenkani ukumkani, akavuma ukuphulaphula ooMosis noAron.

Isichotho

[13] UNdikhoyo waphinda wathetha noMosis wathi: “Vuka kusasa ngomso, uye kukumkani, umxelele ukuba uNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthi: ‘Khulula abantu bam, baye kundikhonza.

[14]Kwesi sihlandlo ndiya kukuhlabanisela ngezibetho, wena namaphakathi nabantu bakho, nitsho niqonde ukuba ehlabathini liphela akakho onjengam.

[15]Ukuba bendithanda ngesendisolule isandla sam, ndanitshayela ngesibetho, nanyamalala emhlabeni.

[16] No entanto, foi precisamente por isso que te conservei em pé, para fazer-te ver o meu poder e para que o meu Nome seja proclamado no mundo inteiro.

[17] Ainda reténs o meu povo e não queres deixá-lo partir?

[18] Eis que amanhã, a esta mesma hora, farei cair pesada chuva de pedras como nunca se viu no Egito, desde o dia em que foi fundado até hoje.

[19] Agora, pois, manda recolher os teus animais e tudo o que tens no campo, porque os homens e os animais que se acharem no campo e não se recolherem às suas habitações, ao cair sobre eles a chuva de pedras que mandarei, certamente morrerão!”

[20] Aqueles dentre os conselheiros do Faraó que temeram essa palavra de Yahweh apressaram-se em fazer entrar para as casas seus servos e seus rebanhos.

[21] Aqueles, porém, que não levaram a sério a palavra do SENHOR, deixaram ficar nos campos seus servos e seus rebanhos.

A praga da saraiva

[22] Disse Yahweh a Moisés: “Estende a mão para o céu, e devastadora chuva de pedras se abaterá sobre toda a terra do Egito, sobre os animais e sobre toda a vegetação dos egípcios!”

[23] Então Moisés estendeu seu cajado em direção ao céu. Yahweh imediatamente mandou grandes trovões e profusa quantidade de granizo, e raios caíram, incendiando a terra dos egípcios. Assim o SENHOR fez chover pedras sobre toda a terra do Egito.

[16]Kodwa ke ndisaniyekile, kuba ndifuna ukunibonisa ubungangamsha bam, luze luthi nodumo lwam lunwenwe ehlabathini liphela.

[17]Njengokuba usazingca nje, ungavumi ukubakhulula abantu bam,

[18]uyabona ke, ngomso ngeli xesha ndiya kuthumela isitshu sesichoto esingazanga sabonwa nanini na ezimbalini zeJiputa.

[19]Ngoko ke thumela iye kuqokelelwa yonke imfuyo yakho, ivalelwe, khon' ukuze isinde. Kaloku ukufika kwaso yonke into ephandle, umntu kwanesilwanyana, iya kutshabalala.’ ”

[20]Ke kaloku loo maphakathi kakumkani ayenevuso ngenxa yomlomo kaNdikhoyo, athumela amakhoboka, yaqokelelwa imfuyo yawo, yavalelwa.

[21]Kambe ke lawo angazange alikhathalele ilizwi likaNdikhoyo awayeka emadlelweni amakhoboka kunye nemfuyo yawo.

[22]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Phakamisela isandla sakho esibhakabhakeni, ukuze kuwe isichotho kulo lonke elaseJiputa, sibethe abantu, izilwanyana, nako konke okuntshula emhlabeni.”

[23]UMosis ke wayiphakamisa induku yakhe, waza uNdikhoyo wayivulela imibane, iindudumo, nesichotho, zatsho kwakubi kwelaseJiputa.

[24] Enorme quantidade de granizo caiu sobre os egípcios, enquanto inúmeros raios cortavam o céu em todas as direções. Nunca houve uma tempestade de granizo como aquela em todo o Egito, desde que se tornou uma nação.

[24]Wasithulula isichotho, yalenyeza imibane, zatsho ngenzwinini eyayingazange yabonwa ezimbalini zeJiputa.

[25] Em todo o Egito, o granizo destruiu tudo o que havia nos campos, tanto homens como animais: exterminou toda a vegetação, além de quebrar todas as árvores.

[25]Eso sichotho sageqa konke okwakuphandle, abantu, izilwanyana, izityalo, kunye nemithi, kulo lonke elaseJiputa.

[26] Somente na terra de Gósen, onde estavam os israelitas, não caiu uma pedra de granizo.

[26]Kanti ke eGoshen, umhlaba wamaSirayeli, zange sifike isichotho.

[27] Então o Faraó mandou chamar Moisés e Arão e confessou-lhes: “Desta vez eu pequei: Yahweh é justo; eu e o meu povo, porém, somos ímpios.

[27]Ukumkani ke wathumela buphuthu-phuthu, wathi makubizwe uMosis noAron, waza wathi kubo: “Ngoku ndiyavuma, ndonile mna nabantu bam; uNdikhoyo yena akaphazamanga.

[28] Rogai a Yahweh, pois já bastam estes terríveis trovões e a chuva de pedras. Eu vos deixarei sair livres, e não ficareis mais aqui!”

[28]Khawuncede umbongoze uNdikhoyo. Kwanele ngoku – ezi ndudumo nemibane zisongamele! Ndiza kunikhulula ndingaphozisanga maseko!”

[29] Ao que lhe replicou Moisés: “Depois que eu tiver saído da cidade, estenderei as mãos para Yahweh: os trovões cessarão e já não haverá chuva de pedras, para que saibas que todo o mundo pertence a Yahweh.

[29]Waphendula uMosis wathi: “Nje ukuba ndiphume apha esixekweni, ndiya kuzolulela kuNdikhoyo izandla zam, sitsho sithothe isiphango, sinqamke isichotho, khon' ukuze uqonde ukuba lelikaNdikhoyo ihlabathi liphela.

[30] Quanto a ti, porém, e aos teus conselheiros, eu bem sei que ainda não temeis ao SENHOR Deus!”

[30]Kambe ke wena namaphakathi akho ndiyanibona ukuba anikamqondi uNdikhoyo uThixo.”

[31] O linho e a cevada foram totalmente destruídos pelo granizo, pois a cevada já estava com espigas, e o linho em flor.

[31]Umqhaphu nerhasi zavuthuluka zatshabalala. Kaloku irhasi yona kwakuxa ihlanzayo; umqhaphu ke wona kuxa udubulayo.

[32] O trigo, entretanto, e o centeio, foram preservados, porquanto ainda não haviam brotado.

[32]Kanti ke ingqolowa nehabile zange zonakale, kuba zazisephantsi.

[33] Saiu, pois, Moisés da presença do Faraó e da cidade egípcia, e ergueu as mãos ao SENHOR. Os trovões, a queda de granizo e a chuva cessaram imediatamente.

[34] Assim que o Faraó percebeu que a chuva, o granizo e os terríveis trovões haviam parado, pecou outra vez e retornou à sua maligna teimosia, ele e seus conselheiros.

[35] O coração do Faraó permaneceu endurecido, e ele não deixou que os filhos de Israel saíssem do Egito. Exatamente como Yahweh tinha predito por meio de Moisés.

[33]Akumka ke uMosis kwakumkani, ephumile nasesixekweni, waphakamela kuNdikhoyo ngomthandazo. Ngoko nangoko sathotha isiphango, yapheza nemvula.

[34]Uthe ke ukumkani akubona ukuba sithothile isiphango nemvula inqamkile, waphindela ukona oku; kuba waphinda waqaqadeka, wankaniza, yena ngokunjalo namaphakathi akhe.

[35]Ewe, wankaniza wala ukuwakhulula amaSirayeli ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis.

Êxodo 10

Deus ameaça Faraó com a praga dos gafanhotos

[1] Disse, pois, Yahweh a Moisés: “Vai ter com o Faraó. Porquanto lhe obstinei as entranhas e o coração dos seus conselheiros, a fim de que Eu realize estes meus sinais portentosos entre eles,

[2] para que narres ao teu filho e aos filhos de teus filhos como zombei do poder que havia no Egito, e como fiz milagres e maravilhas entre os egípcios. Assim todos vós sabereis que Eu Sou Yahweh!”

[3] Moisés e Arão apresentaram-se, portanto, ao Faraó, e conclamaram-no: “Assim diz Yahweh, o Deus dos hebreus: ‘Até quando recusarás humilhar-te perante mim? Deixa o meu povo sair em liberdade, para que me preste culto.

Eyemfuduko 10

Iinkumbi

[1] UNdikhoyo wathetha noMosis wathi: “Yiya kwakumkani. Kaloku yena namaphakathi akhe ndibaqaqadekisile, ukuze ndifumane ithuba lokwenza le miqondiso phakathi kwabo,

[2]nokuze nibe nako ukubalisela abantwana nabazukulwana benu. Niya kubanika ingcombolo yendlela endabonisa ngayo ubungangamsha bam kumaJiputa, nangemiqondiso endiyenzileyo phakathi kwawo, khon' ukuze nani niqonde ukuba ndinguNdikhoyo.”

[3]UMosis noAron ke baya kwakumkani, bathi kuye: “UNdikhoyo uThixo wamaHebhere uthi: ‘Koda kube nini ungavumi ukuzithoba kum? Khawubakhulule abantu bam, baye kundikhonza.

[4] Se recusares deixar partir o meu povo, eis que amanhã farei vir nuvens de gafanhotos sobre o teu território.

[4]Ukuba uyala, ngomso ndiza kuthumela iinkumbi emhlabeni wakho.

[5] Eles cobrirão a face da terra e não se poderá mais ver o chão. Comerão o que sobrou, o que a chuva de pedras de granizo vos deixou; comerão todas as vossas árvores que crescem nos campos.

[5]Ziya kuba yinyambalala eya kuwugquma tu umhlaba wakho xa uwonke. Yonke into esinde kwesiya sichotho ziya kuyinqunqutha iphele tu! Nditsho nomthi lo wembala.

[6] Encherão os teus palácios, e as casas dos teus conselheiros e as de todos os egípcios, como nunca viram os teus pais e os pais dos teus antepassados, desde o dia em que vieram à terra até estes dias!'" Tendo dito, Moisés virou as costas e saiu rapidamente da presença do Faraó!

[6]Ziya kunyakazela ezindlwini zakho, kwezamaphakathi, nakuzo zonke izindlu zamaJiputa. Lowo iya kuba ngumbono ongazange walanywa ngooyihlo ngokunjalo nooyihlo-mkhulu ezimbalini zeli lizwe.' " Akuba etshilo waphuma, wemka kwakumkani.

[7] Os conselheiros de Faraó lhe sugeriram: "Até quando esse homem será uma ameaça para todos nós? Deixa partir os homens de Israel, para que sirvam a Yahweh, seu Deus. Acaso não percebes que todo o Egito está em ruínas?"

[7]Amaphakathi kakumkani abhekisa kuye athi: "Yaz'ba kode kube nini na lo mfo elukhwembe-khwembe kuthi? Nceda, khulula aba bantu baye kukhonza uNdikhoyo uThixo wabo. Ngaba awukaqondi ukuba iJiputa itshabalele?"

[8] Então Moisés e Arão foram reconduzidos à presença do Faraó, que lhes disse: "Ide, servi a Yahweh, vosso Deus; quais são, porém, os que hão de ir?"

[8]Babizwa ke ooMosis noAron, babuyela kukumkani, waza wathi kubo: "Hambani niye kukhonza uNdikhoyo uThixo wenu. Kodwa ke ngoobani kanye abaza kuhamba?"

[9] Moisés respondeu: "Havemos de ir com os nossos jovens e com os nossos idosos, com os nossos filhos e com as nossas filhas, com os nossos rebanhos e com o nosso gado havemos de ir; porque todos nós estaremos celebrando uma grande festa ao SENHOR!"

[9]UMosis wathi: "Kuza kuhamba abadala nabanci, oonyana neentombi, iigusha neenkomo. Kaloku kufuneka senzele uNdikhoyo itheko."

[10] E o Faraó afirmou: "Em verdade precisareis mesmo de Yahweh quando eu vos deixar ir com vossas mulheres e crianças! Vede como tendes más intenções!

[10]Kambe ke ukumkani waphendula wathi: "Ndifung' uNdikhoyo, soze ndinikhulule nihambe neentsapho zenu. Kakade, nithi andiniboni ukuba nindenzela iyelenqe?

[11] Não há de ser assim, mas ide somente vós, os homens, e servi a Yahweh; porque isso é o que vós mesmos pedistes!" E os expulsaram da presença do Faraó.

A praga dos gafanhotos

[12] E Yahweh disse a Moisés: "Estende tua mão sobre a terra do Egito, para que venham as grandes nuvens de gafanhotos sobre a terra do Egito, e comam toda a erva da terra, tudo o que a chuva de granizo deixou!"

[13] Estendeu, pois, Moisés, seu cajado sobre o território egípcio. E Yahweh mandou sobre a terra um vento oriental todo aquele dia e toda aquela noite. Quando amanheceu, o vento oriental tinha trazido uma quantidade imensa de gafanhotos.

[14] E subiram os gafanhotos por toda a terra do Egito. Pousaram sobre todo o seu território, e eram demasiadamente numerosos; antes desses nunca houve tais nuvens de gafanhotos, nem depois deles virão outras semelhantes.

[15] Cobriram toda a superfície da terra, e o território egípcio ficou devastado. Devoraram toda a erva da terra e todo o fruto das árvores que a chuva de granizo deixara. E não ficou absolutamente nada verde nas árvores, nem nas plantas do campo em toda a terra do Egito.

[16] Pelo que o Faraó convocou a toda pressa Moisés e Arão e declarou: "Pequei contra Yahweh, vosso Deus, e contra vós.

[17] Mas agora perdoai-me ainda esta vez o meu pecado, e orai a Yahweh, vosso Deus que leve esta praga mortal para longe de mim e do meu povo!"

[11]Hayi, makuhambe amadoda odwa aye kukhonza uNdikhoyo, njengoko nanitshilo kakade." Baza ke bakhutshwa buphuthu-phuthu apho kwakumkani.

[12]Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wayalela uMosis wathi: "Phakamisa ingalo yakho, uwangawangise kulo lonke elaseJiputa, ukuze kuvele iinkumbi eziya kunqunqutha zonke izityalo nayo yonke into eyasinda esichothweni."

[13]UMosis ke wayiphakamisa induku yakhe, wawangawangisa ngayo, waza ke uNdikhoyo wathumela umoya wasempuma, wabhudla loo mini yonke nobusuku bayo. Kwathi kusisa kwaye sekunyakazela ziinkumbi kulo lonke elaseJiputa.

[14]Zafika zilibubu, zanyakazela kulo lonke elaseJiputa neziphaluka zalo. Ezingako zona zazingazange zabonwa ngaphambili, zaye zingasoze zibonwe nanini na!

[15]Zaba lukhoko olwawambathisa wonke umhlaba; kwatsho kwamnyama nje! Zanqunqutha zonke izityalo nemithi yeziqhamo, nako konke okwasinda mhla ngesiphango, zatsho akwasala nempunde le yegqabi eliluhlaza kulo lonke elaseJiputa.

[16]Ukumkani ke wababiza ngobungxamo ooMosis noAron, wathi kubo: "Ndimonile uNdikhoyo uThixo wenu, ngokunjalo nani.

[17]Ndicela uxolo ngesono sam; ndiyanibongoza, okwesi isihlandlo khaninditarhuzisele kuNdikhoyo uThixo wenu, ayisuse le ntshabalalo!"

[18] E Moisés, tendo saído da presença do Faraó, orou a Yahweh.
[19] Então, Yahweh fez soprar um poderoso vento do ocidente que arrebatou todos os gafanhotos e lançou-os no mar Vermelho, de maneira que não ficou um só gafanhoto em todo o Egito.
[20] Yahweh, porém, endureceu o coração do Faraó, e este não deixou os filhos de Israel partirem.

A praga das trevas

[21] Disse Yahweh a Moisés: "Estende a mão em direção ao céu, e haja trevas sobre a terra do Egito, trevas espessas, que possam ser apalpadas!"

[22] Estendeu, pois, Moisés a mão para o céu, e por três dias houve densas trevas em todo o Egito.

[23] Ninguém pode ver ninguém, nem mesmo deslocar-se de suas habitações durante três dias. Apesar disso, todos os filhos de Israel tinham luz natural nas terras em que habitavam.
[24] O Faraó mandou chamar Moisés e Arão e ordenou-lhes: "Ide, portanto, servi a Yahweh. Fiquem somente os vossos rebanhos e o vosso gado; as vossas crianças e mulheres poderão também ir convosco!"

[25] Contestou-lhe Moisés: "Terás de colocar em nossas mãos sacrifícios e holocaustos, para que ofereçamos a Yahweh, nosso Deus.

[26] Portanto, também os nossos rebanhos irão conosco; não ficará nenhum pedaço de

[18]Waphuma ke uMosis, waya kuthandaza uNdikhoyo.
[19]UNdikhoyo ke wathumela umoya wasentshona, wazitshayela zonke iinkumbi, waya kuzeyelisela kuLwandle oluBomvu, akwasala nob' ibe nye inkumbi kwelaseJiputa.
[20]Kambe ke uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani waseJiputa, akavuma ukuwakhulula amaSirayeli.

Isithokothoko sobumnyama

[21]Waphinda uNdikhoyo wayalela uMosis ukuba aphakamisele isandla sakhe esibhakabhakeni, ukuze kubekho isithokothoko sobumnyama kulo lonke elaseJiputa, esatsho baziimpumputela abantu.
[22]Wasiphakamisa ke uMosis isandla sakhe, kwaza kwakho isithokothoko sobumnyamaesabetha kwathi thsu iintsuku ezintathu kulo lonke elaseJiputa.
[23]Obo bumnyama ke batsho amaJiputa akabi nako nokubonana oku, engenako nokuphuma endlwini ezo ntsuku zontathu. Kanti ke kwisiphaluka samaSirayeli kwakukhanya.

[24]Waza ke ukumkani wabiza uMosis, wathi kuye: "Ngoku ningahamba niye kukhonza uNdikhoyo kunye nabafazi nabantwana benu, nishiye imfuyo yenu kuphela."

[25]UMosis waphendula wathi: "Kofuneka ke usinike izinto esobingelela ngazo, ngokunjalo nezokwenzela uNdikhoyo uThixo wethu amadini atshiswayo.
[26]Hayi bo! Asinakuyishiya imfuyo yethu; asinakushiya nob' ibe nye! Kaloku kufuneka

casco de animal em vossas terras, porquanto dos nossos rebanhos temos de separar alguns para prestar culto a Yahweh, o SENHOR, nosso Deus; e nós mesmos não sabemos quais animais escolheremos para os sacrifícios, até chegarmos lá!"

sizikhethele ngokwethu leyo siza kuyisebenzisa xa sinqula uNdikhoyo uThixo wethu, ibe ke asinakuyazi esiza kubingelela ngayo side sifike apho siya khona."

27 Contudo, Yahweh endureceu o coração do Faraó, e este não quis deixá-los partir.

27Kambe ke uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani, akavuma ukubakhulula.

28 Então o Faraó ordenou a Moisés: "Aparta-te de mim, e guarda-te de veres a minha face, pois no dia em que vires a minha face, morrerás!"

28Ukumkani wamgxotha uMosis, wathi: "Phuma! Zichithe! Mandingaze ndiphinde ndikubone! Mhla ndakubona ndokucim' igama!"

29 Replicou-lhe Moisés: "Será, portanto, como o disseste: Nunca mais tornarei a ver a tua face!"

29UMosis waphendula wathi: "Uthethe kakuhle! Soze uphinde undibone!"

Êxodo 11

Deus anuncia a Moisés a morte de todos os primogênitos

1 Então Yahweh disse a Moisés: "Farei vir uma praga contra o Faraó e contra o Egito. Depois desse sinal, ele vos deixará partir daqui. De fato, ele vos expulsará a todos vós, de uma só vez e para sempre.

2 Dize, pois, ao povo que todo homem peça a seu vizinho, e toda mulher a sua vizinha, objetos de prata e ouro!"

3 E Yahweh fez que seu povo encontrasse graça aos olhos de todos os egípcios. Moisés era também muito estimado e um grande homem na terra do Egito, tanto aos olhos dos conselheiros do Faraó quanto aos olhos do povo.

4 E Moisés proclamou ao Faraó: "Assim diz Yahweh: à meia-noite passarei pelo meio do Egito.

Eyemfuduko 11

Isibetho sokugqibela

1 UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: "Uyabona ke, ukumkani lo ndawonye nabantu bakhe ndiya kumzisela isibetho sokugqibela. Emva kweso ke uya kunikhulula nihambe. Enyanisweni uya kunigxotha niphume niphele.

2Ngoku ke yitsho ibe ngulowo nalowo kumaSirayeli acele isiliva negolide kummelwane wakhe."

3UNdikhoyo ke wawenza axatyiswa amaSirayeli ngamaJiputa. Ngenene uMosis wayehlonitshwe gqitha ngamaphakathi kakumkani ndawonye nawo onke amaJiputa.

4UMosis waxelela ukumkani wathi: "UNdikhoyo uthi: 'Ndiya kuphuma ezinzulwini zobusuku, ndilijikeleze lonke elaseJiputa.

[5] E todo primogênito morrerá na terra do Egito, desde o primogênito do Faraó, que deveria sentar-se em seu trono, até o primogênito da escrava que trabalha no moinho, assim como todas as primeiras crias do gado e dos rebanhos.

[5]Ndiya kuwathi qwaka afe onke amazibulo, kuqalela kwelokumkani ongqendeve ebhotwe, kuye kwelekhoboka elisebenzayo, kuye kuthi xhaxhe kwizibulo lemfuyo.

[6] Haverá, portanto, grande pranto em toda a terra do Egito, como nunca houve antes nem jamais haverá.

[6]ElaseJiputa liya kuhlahlamba ngesijwilikazi esingazange seviwa ngaphambili, esingayi kuze siviwe nanini na.

[7] Contudo, entre todos os filhos de Israel, desde os homens até os animais, não se ouvirá o rosnar de um cão sequer, para que saibas que Yahweh fez uma distinção entre os egípcios e os israelitas.

[7]Kanti ke wona amaSirayeli nemfuyo yawo sobe abe nawo nowempumlo umkrwelo.' Ngaloo ndlela ke niya kutsho niqonde ukuba uNdikhoyo uyahlula phakathi kwamaJiputa namaSirayeli."

[8] Então, todos estes teus conselheiros descerão a mim, e se prostrarão diante de mim, suplicando: 'Sai, tu e todo o povo que te segue!' Só depois desses acontecimentos sairei!" E, ardendo em ira, saiu Moisés da presença do Faraó.

[8]UMosis waqukumbela ngelithi: "Ke wona la maphakathi akho aya kuza kum akhahlele endibongoza esithi: 'Thatha abantu bakho, niphume niphele kweli.' Kwakuba njalo ke ndiya kunduluka." Akukhov' ukutsho ke, uMosis waphuma efuthekile.

[9] Yahweh disse a Moisés: " O Faraó não vos ouvirá, para que se multipliquem os meus atos prodigiosos em toda a terra do Egito".

[9]Ke kaloku uNdikhoyo wayethethe noMosis wenjenje: "Ukumkani waseJiputa akayi kukuphulaphula, khon' ukuze ndiyandise imimangaliso yam phakathi kwamaJiputa."

[10] Moisés e Arão realizaram todos esses sinais maravilhosos diante do Faraó. Mas Yahweh endureceu o coração do Faraó, e ele não permitiu que os filhos de Israel abandonassem a terra do Egito.

[10]Le mimangaliso ke uMosis noAron bayenza phambi kokumkani. Kambe ke uNdikhoyo wamqaqadekisa ukumkani waseJiputa, akavuma ukuwakhulula amaSirayeli emke eJiputa.

Êxodo 12

A instituição da primeira Páscoa

[1] Disse Yahweh a Moisés e a Arão na terra do Egito:

[2] Que este mês seja para vós o princípio dos meses; será o primeiro mês do ano.

Eyemfuduko 12

IPasika

[1] UNdikhoyo wabayalela ooMosis noAron kwelaseJiputa, wathi:

[2]"Le iya kuba yinyanga yenu yokuqala enyakeni.

[3] Falai a toda a congregação de Israel, dizendo: No dia dez deste mês, que cada homem tome para si um cordeiro para cada família, um cordeiro para cada casa.

[3]Thetha namaSirayeli, uthi ngomhla weshumi kule nyanga umzi ngamnye mawuzifunele ixhwane.

[4] Entretanto, se a família for pequena para consumir um cordeiro, então se juntará com o vizinho mais próximo de sua casa, conforme o número de pessoas. O cordeiro será escolhido na proporção do que cada um puder comer.

[4]Kambe ke ukuba umzi lowo unabantu abambalwa, awunako ukulitya uligqibe ixhwane, mawudibane nommelwane, yomibini ihlanganyele ixhwane elinye ngokobubanzi beentsapho zayo. Ngoko ke umzi ngamnye uya kulinganiselwa ixhwane kwangaphambili.

[5] O cordeiro será macho, sem defeito e de um ano. Vós o escolhereis entre os cordeiros ou entre os cabritos,

[5]Ixhwane elo lichongwayo malingabi nasiphako, libe nonyaka ubudala. Ingalelegusha okanye elebhokhwe.

[6] e o guardareis até o dia quatorze deste mês; e toda a assembleia da congregação de Israel o degolará à tarde.

[6]Maligcinwe kude kube ngumhla weshumi elinesine wenyanga, apho liya kuthi lonke ibandla lamaSirayeli liwaxhele amaxhwane alo ngorhatya.

[7] E tomarão um pouco do sangue e passarão sobre os dois umbrais e sobre as vergas das portas das casas em que o comerem.

[7]Ngaloo mini ke baya kuthatha igazi lexhwane elo, bayidyobhe ngalo imigubasi yaloo ndlu batyela kuyo, ngapha nangapha naphezulu.

[8] Naquela mesma noite, comerão a carne grelhada no fogo; com pães matsá, não fermentados, e ervas amargas, a comerão.

[8]Ngobo busuku inyama leyo ze bayose, bayifake umthi womkrakriso, bayitye, bayidibanise nesonka esenziwe ngentlama engenagwele.

[9] Não comereis dele nada cru, nem cozido em água; o animal inteiro, incluindo a cabeça, as pernas e os miúdos, será assado em brasa.

[9]Ningakhe nilinge niyitye iluhlaza, okanye iphekiwe. Mayosiwe xa iyonke; nditsho nentloko namanqina nezibilini.

[10] Nada deixareis sobrar até pela manhã; caso isso aconteça, queimareis o que restar.

[10]Le nyama ke ize ingabekelwa ingomso. Xa kwenzekile yasala, ize itshiswe ngomlilo kusasa.

[11] Ao comer, estai prontos para partir: cinto atado, sandálias nos pés e cajado na mão. Comereis às pressas: é a Páscoa do SENHOR!

[11]Uyabona ke ze nenjenje: Yityeni seningxamele ukuhamba; nifinyezile, iimbadada zisezinyaweni, induku

[12] E naquela mesma noite Eu passarei pela terra do Egito e matarei todos os primogênitos, tanto dos homens como dos animais, e executarei Juízo sobre todos os deuses do Egito.

[13] O sangue, porém, será para vós um sinal nas casas em que estiverdes: quando Eu vir o sangue, passarei adiante. A praga de destruição não vos atingirá quando Eu ferir o Egito.

[14] Esse dia, portanto, será para vós um memorial, e o celebrareis como uma festa perene para Yahweh; nas vossas gerações o celebrareis por decreto perpétuo.

[15] Durante sete dias comereis pães matsá, sem fermento. Desde o primeiro dia tirareis o fermento das vossas casas, pois todo o que comer hamêts, algo fermentado, desde o primeiro dia até o sétimo, essa pessoa será eliminada de Israel.

[16] No primeiro dia tereis uma santa assembleia e, no sétimo dia, igualmente, uma santa convocação; nenhuma obra se fará neles, e vós preparareis somente o que cada um deve comer.

[17] Celebrareis, portanto, a festa dos pães sem fermento, porque foi nesse mesmo dia que Eu tirei os exércitos de Israel do Egito. Vós observareis esse dia por todas as vossas gerações, porquanto é um decreto perpétuo.

[18] No primeiro mês do ano, no dia catorze do mês, à tarde, comereis os pães matsá,

isesandleni. Kaloku esi sisidlo sePasika kaNdikhoyo.

[12]“Kanye ngobo busuku ndiya kulityhutyha elaseJiputa, ndihambe ndiwabulala onke amazibulo, ndiqalele kwawabantu, ndiyokutsho nakwawemfuyo. Mna Ndikhoyo ndiya kuba ngumgwebi phezu koothixo bamaJiputa.

[13]Izindlu enikuzo ndiya kuzibona ngegazi; lona loba ngumqondiso endininika wona. Ndiya kuthi ndakubona igazi ndigqithe, angafiki kuni ubhubhani xa nditshabalalisa amaJiputa.

[14]Le mini ke ize ibe sisikhumbuzo kuni. Ze ningayilibali, ngayo nibhiyozele uNdikhoyo, niyenze ibe ngummiselo olisiko nakwizizukulwana.”

Umsitho wesonka esingenagwele

[15]Waqhuba uNdikhoyo wathi: “Uyabona ke, niya kuthatha iintsuku ezisixhenxe nisitya isonka esenziwe ngentlama engenagwele. Ngosuku lokuqala ze niligqogqe nilikhuphe lingabikho igwele ezindlwini zenu. Kwezi ntsuku ke umntu okhe watya into enegwele uya kuhlanjwa kwibandla lamaSirayeli.

[16]Umhla wokuqala nomhla wesixhenxe uya kuba ngumhla owodwa wenkonzo; akukho msebenzi uya kwenziwa ngayo ngaphandle kokupheka.

[17]Lo msitho ke ze niwugcine, kuba ngawo nokhumbula umhla endanikhupha ngawo eJiputa ningamabutho ngamabutho. Ngoko ke wenzeni ube ngummiselo kammiselo.

[18]Ukususela kurhatya lomhla weshumi elinesine, kuye kutsho kurhatya lomhla

sem fermento, até a tarde do dia vinte e um do mesmo mês.

[19] Durante sete dias não se achará fermento em vossas casas; todo aquele que comer pão fermentado será eliminado da comunidade de Israel, seja ele estrangeiro ou natural da terra.

[20] Não comereis pão nem qualquer outro alimento fermentado; em todo lugar em que habitardes comereis pães matsá, ázimos!"

[21] Moisés convocou, pois, todos os anciãos, autoridades de Israel e orientou-os: "Ide, escolhei um cordeiro ou um cabrito do rebanho, segundo as vossas famílias, e imolai para celebrar o Pessah, a Páscoa.

[22] Tomai alguns ramos de hissopo, molhai-o no sangue que estiver na bacia, e marcai a travessa da porta e suas colunas laterais com o sangue que estiver na bacia; nenhum de vós saia da porta de casa até pela manhã.

[23] Porque Yahweh passará por toda a terra para matar os egípcios; e, quando vir as marcas de sangue sobre a travessa e sobre as duas colunas laterais, Ele passará adiante dessa porta e não permitirá que o Destruidor entre em vossas casas, para vos ferir de morte.

[24] Observareis estas instruções como um decreto para vós e vossos filhos, para sempre.

[25] Quando tiverdes entrado na terra que Yahweh vos dará, como Ele prometeu, celebrareis este rito.

[26] Quando vossos filhos vos indagarem: 'Que rito é este?' –

wamashumi amabini ananye, ze ningasityi isonka esinyusiweyo.

[19-20]Ngezo ntsuku zisixhenxe malingabikho igwele ezindlwini zenu, kuba okhe watya into enegwele uya kuhlanjwa ebandleni likaSirayeli, noba uyinzalelwane, okanye ngumngeneleli. Naphi na apho nikhoyo ze nitye isonka esinganyuswanga; esinegwele ze ningasifaki emlonyeni."

IPasika yokuqala

[21]UMosis ke wawabiza amadoda amakhulu amaSirayeli, wathi kuwo: "Hambani ngoku nizifunele amaxhwane ngokwemizi yenu, nixhelele iPasika.

[22]Umntu makathathe amahlamvu ehisopu, awathi nkxu kwigazi lexhwane elisesityeni, afefe imigubasi yomibini naphezu kwayo. Akuyi kuphuma mntu ke apho kuloo ndlu kude kube kusasa ngengomso.

[23]Kaloku xa uNdikhoyo ejikeleza, ehamba ebulala amaJiputa, uya kuthi akubona igazi emigubasini, awugqithe loo mnyango, angamvumeli umtshabalalisi angene anibulale.

[24]Ze niyilulamele le miyalelo ibe ngummiselo kuni nakwizizukulwana.

[25]Naxa senide nafika nakwelo lizwe nathenjiswa ngalo nguNdikhoyo ze ningayilibali.

[26]Niya kuthi ke xa nibuzwa ngabantwana benu ngalo msitho, besithi ngaba uthetha ntoni na,

[27] ensinareis: 'É o sacrifício de Pessah, Páscoa ao SENHOR, que passou sobre as casas dos filhos de Israel no Egito e poupou nossas famílias quando matou todos os primogênitos dos egípcios!" Então, o povo prostrou-se em adoração a Deus, Yahweh.

[28] Foram-se os filhos de Israel, agiram conforme toda a instrução recebida; como Yahweh ordenara a Moisés e a Arão, assim fizeram.

A morte dos primogênitos

[29] Então, eis que à meia-noite, Yahweh matou todos os primogênitos do Egito, desde o filho mais velho do Faraó, herdeiro do trono egípcio, até o filho mais velho do prisioneiro que estava no cárcere, e também todas as primeiras crias do gado e dos rebanhos.

[30] No meio da noite o Faraó, todos os seus conselheiros, e todo o povo egípcio se levantaram assustados. E houve terrível pranto por todo o Egito, pois não havia uma só casa egípcia que não tivesse algum morto.

[31] Ainda as trevas da noite cobriam o Egito quando o Faraó mandou chamar às pressas Moisés e Arão e determinou-lhes: "Levantai-vos e saí imediatamente do meio do meu povo e de minhas terras, vós e todos os filhos de Israel; ide, portanto, e servi a Yahweh, como tendes insistido!

[32] Levai convosco vossos rebanhos e vosso gado, como pedistes, parti e pedi a vosso Deus para que eu também seja abençoado".

[27]nibaxelele nithi: 'Ngalo msitho sitya idini lePasika lokudumisa uNdikhoyo, sikhumbula mhla wazigqitha izindlu zamaSirayeli eJiputa, mhlenikwezeni watshabalalisa amaJiputa, wasisindisa ke thina.' " AmaSirayeli ke asuka athi guqaqa, anqula uNdikhoyo.

[28]Ahamba ke amaSirayeli aya kwenza ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis noAron.

Ukubulawa kwamazibulo

[29]Kwathi ke ezinzulwini zobusuku uNdikhoyo walihlasela elaseJiputa, wawabulala onke amazibulo, kuqalela kwelikakumkani lowo wayengqendeve ebhotwe, kuye kuqhina kwelombanjwa owayengaphaya kwezitshixo, ngokunjalo nawemfuyo.

[30]Ke kaloku ngobo busuku ukumkani, amaphakathi, nawo onke amaJiputa, baphaphama, bevuswa sisimbonono sesijwili. Kaloku kwakungekho mzi ungafelwanga.

[31]Kwangobo busuku ukumkani waseJiputa wathumela buphuthu-phuthu ukuba kubizwe uMosis noAron. Befikile ke, wathi kubo: "Vukani nihambe, niphume phakathi kwabantu bam; nditsho nina namaSirayeli jikelele. Hambani niye kukhonza uNdikhoyo njengoko nanicelile.

[32]Thathani konke okwenu, ningayishiyi imihlambi yenu yeenkomo, neegusha, neebhokhwe, niphel' emehlweni – nam nindithamsanqelise!"

[33] E os egípcios pressionavam o povo a que abandonasse depressa o país, exclamando: “Eis que morreremos todos!”

[34] O povo levou, pois, a farinha amassada, antes que levedasse, e as amassadeiras atadas em trouxas com seus mantos sobre os ombros.

[35] Os filhos de Israel fizeram como Moisés havia dito, e pediram aos egípcios objetos de prata, objetos de ouro e roupas.

[36] Yahweh fez que seu povo encontrasse graça aos olhos dos egípcios, de maneira que estes lhes davam o que pediam; e despojaram os egípcios.

A saída dos israelitas do Egito

[37] Os israelitas partiram de Ramessés até Sucote. Havia cerca de seiscentos mil homens a pé, além de mulheres e crianças.

[38] Grande multidão de estrangeiros de todo tipo também seguiu com eles, além de grandes rebanhos, tanto de bois como de ovelhas e cabras.

[39] Com a massa que haviam trazido do Egito, fizeram pães sem fermento. A massa não tinha fermentado, pois eles foram expulsos do Egito e não tiveram tempo de preparar comida.

[40] Ora, a permanência dos filhos de Israel no Egito durou quatrocentos e trinta anos.

[41] Exatamente no dia em que se completaram os quatrocentos e trinta anos, todos os exércitos do SENHOR abandonaram o Egito.

[33]AmaJiputa athundeza amaSirayeli ukuba emke, esithi: “Singabafileyo xa enokungahambi amaSirayeli.”

[34]Ngoko ke amaSirayeli azalisa izitya zawo zokuxovela ngentlama engenagwele, aza azisongela ngeempahla, azixway' emagxeni.

[35]Bayenza nento ababeyiyalelwe nguMosis, kuba bacela izinto zesiliva nezegolide, kunye nempahla yokunxiba, kumaJiputa.

[36]UNdikhoyo wawenza axatyiswa amaSirayeli ngamaJiputa, aza awaxhobisa ngako konke awayekufuna. Ngaloo ndlela ke amaSirayeli awaphanga amaJiputa.

Ukunduluka kwamaSirayeli eJiputa

[37]Ke kaloku anduluka amaSirayeli eRamesi, aya kutsho eSukoti. Inani lamadoda ngaphandle kwelabafazi nabantwana lalingamakhulu amathandathu amawaka.

[38]Kanti ke kwabakho nengxubevange yabantu ehamba namaSirayeli, ngokunjalo nemihlambi yeenkomo, neebhokhwe, neegusha.

[39]Babhaka izonka ngaloo ntlama inganyuswanga babemke nayo eJiputa. Kaloku lalingekho igwele, ibe ke ukuphuma kwabo eJiputa bagxagxanyiswa kangangokuba bangabi nako nokuzenzela nomphako lo.

[40]KwelaseJiputa amaSirayeli ahlala iminyaka engamakhulu amane anamashumi amathathu.

[41]Kwathi kanye ke ngosuku lokugqibela lokuphela kwaloo minyaka uhlanga lukaNdikhoyo lwaphuma eJiputa lungamabutho ngamabutho.

[42] Assim como Yahweh passou em vigília aquela noite para tirar das terras egípcias os filhos de Israel, estes semelhantemente devem passar em vigília essa mesma noite, para honrar Yahweh, o Eterno, por todas as suas gerações.

[43] Então Yahweh ordenou a Moisés e a Arão: “Eis as leis para o sacrifício de Pessah, da Páscoa: Nenhum estrangeiro poderá comê-la.

[44] Entretanto, o escravo comprado, depois de circuncidado, terá o direito de comê-la também.

[45] O residente temporário e o assalariado estrangeiro, ainda que circuncidado, dela não comerão.

[46] Há de se comer numa só casa, e não levareis dessa casa nenhum pedaço de carne. Não quebrareis osso algum.

[47] Toda a comunidade de Israel o fará.

[48] Se algum imigrante estrangeiro habita contigo, e quiser celebrar o Pessah, a Páscoa para Yahweh, terá de circuncidar todos os de sexo masculino de sua família; então poderá participar.

[49] “A mesma lei se aplicará ao natural da terra e ao prosélito (o estrangeiro residente)”.

[50] Assim, todos os filhos de Israel fizeram tudo como o SENHOR lhes havia ordenado por intermédio de Moisés e Arão.

[42]Ngenxa yokuba uNdikhoyo walinda ngobo busuku, elindele ukuwakhupha eJiputa, nangoku amaSirayeli anesiko lokulinda ngobu busuku, esenza isikhumbuzo sikaNdikhoyo.

Imiqathango ngokuqhutywa kwePasika

[43] UNdikhoyo wabayalela uMosis noAron, wathi: “Nantsi imimiselo emaniyigqale xa kubhiyozelwa iPasika: Umntu wolunye uhlanga akavumelekanga ukuba abe nenxaxheba.

[44]Ke lona ikhoboka elithengiweyo livumelekile lakuba lalukile.

[45]Umhambi okanye umqeshwa makangabi nanxaxheba.

[46]Inyama leyo yotyelwa kuloo ndlu iphekelwe kuyo, kungàphunywa nayo phandle. Amathambo ayo makangakrotyozwa.

[47]Lo msitho uya kubhiyozelwa ngamaSirayeli ephela.

[48]Umngeneleli omi phakathi kwenu, xa enqwenela ukuthatha inxaxheba kulo msitho, makuqale koluswe onke amadoda kuloo ndlu yakhe. Xa kunjalo ke woba nelungelo njengabo bonke abomthonyama.

[49]Umntu ongalukanga akanalungelo kuloo msitho, nokuba uyinzalewane okanye ngumngeneleli.”

[50]AmaSirayeli ke ayithobela yonke loo miyalelo kaNdikhoyo kuMosis noAron.

[51] No mesmo dia, Yahweh tirou todos os filhos de Israel do Egito, organizados de acordo com seus exércitos.

Êxodo 13

Os primogênitos são santificados a Deus

[1] Então o SENHOR Deus ordena a Moisés:

[2] "Consagra-me todos os primogênitos, todo primeiro filho israelita que vem à luz me pertence, não somente entre os seres humanos, mas também entre os animais!"

[3] E Moisés discursa ao povo: "Celebrai perpetuamente este dia em que saístes do Egito, da casa da escravidão; pois com mão poderosa o SENHOR vos tirou de lá; e, por isso, não comereis pão fermentado.

[4] Hoje é um dia de primavera, no mês de Abibe, e estais abandonando as terras do Egito.

[5] Quando Yahweh vos fizer adentrar a terra dos cananeus, dos hititas, dos amorreus, dos heveus e dos jebuseus – território que jurou a vossos antepassados que vos daria, terra onde manam leite e mel –, então havereis de celebrar esta cerimônia sempre neste mesmo mês.

[6] Comereis pães sem fermento durante sete dias, e no sétimo dia haverá uma grande festa para Yahweh.

[7] Durante sete dias serão comidos pães sem fermento; não haverá em vossas casas nada de fermentado, nem em todo o vosso território.

[51]Ngaloo mini kanye uNdikhoyo wawakhupha amaSirayeli eJiputa engamabutho ngamabutho.

Eyemfuduko 13

Ukuphawulwa kwamazibulo

[1] UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi:

[2]"Ndiphawulele onke amazibulo azalwayo kwaSirayeli abe ngawam, nditsho awabantu nawemfuyo."

Umbhiyozo wezonka ezinganyuswanga

[3]UMosis wathetha nabantu wathi: "Ze ningaze niwulibale lo mhla wokukhululeka kwenu ebukhobokeni kwelaseJiputa. Kaloku nikhululwe bubungangamsha bukaNdikhoyo. Ngawo makungatyiwa sonka sinyusiweyo.

[4]Lo mhla wale nyanga inguAbhibhi yimini yokunduluka kwenu.

[5]UNdikhoyo wabathembisa ookhokho benu ukuba uya kubanika ilizwe lamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaHivi, namaJebhusi. Nakufika kwelo lizwe lihle liyinzwakazi, livuza ubisi nobusi, ze nenze isikhumbuzo ngawo wona lo mhla wale nyanga minyaka le.

[6]Niya kutya isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe. Ngolu lwesixhenxe ke niya kwenza itheko lokuwonga uNdikhoyo.

[7]Niya kutya isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe; into evutyelweyo okanye igwele lingakhe lifumaneke kummandla wenu.

[8] Naquele dia, assim falarás a teu filho: 'Eis o que Yahweh fez por mim, quando saí do Egito!"

[9] E será como sinal da tua mão, um memorial entre os teus olhos, para que a lei de Yahweh esteja na tua boca; pois Yahweh te tirou do Egito com braço forte.

[10] Observarás esta lei perpetuamente no tempo determinado, de ano em ano.

[11] Depois que o SENHOR te fizer entrar na terra dos cananeus, como jurou a ti e a teus pais entregar-te por herança,

[12] separarás para Yahweh o primeiro nascido de todo ventre. Todos os primeiros machos de teus rebanhos pertencem ao SENHOR.

[13] Resgatarás com um cordeiro toda primeira cria dos jumentos, mas se não quiseres resgatá-la, tu lhe quebrarás o pescoço; mas todo primogênito do homem, entre teus filhos, tu o resgatarás.

[14] E quando amanhã o teu filho te perguntar: 'Que é isto?'- responder-lhe-ás: 'Yahweh tirou-nos do Egito, da casa da escravidão, com mão poderosa!

[15] Porquanto tendo se obstinado o Faraó e não querendo deixar-nos partir, Yahweh matou todos os primogênitos na terra do Egito, desde o filho mais velho do homem até as primeiras crias dos animais. É por isso que sacrificamos a Yahweh todo primeiro filhote macho entre os animais. Mas

[8]Xa nisenza eli theko ke, ze nibaxelele abantwana benu, nithi: 'Ngalo mhla siwonga uNdikhoyo ngokusikhupha kwakhe eJiputa.'

[9]Lo mbhiyozo ke uya kufana nomqondiso osesandleni okanye ebunzi, ukuze ningalibali ukubalisa ngommiselo kaNdikhoyo. Kaloku kwaba ngesandla sakhe ukuphuma kwenu eJiputa.

[10]Ngoko ke eli siko lenzeni ngexesha lalo minyaka le."

Amazibulo

[11]"Ke kaloku xa uNdikhoyo ede wakufikisa kwelaseKanana njengoko wakuthembisayo wena nooyihlo,

[12]uze umphawulele onke amazibulo azalwayo. Onke amazibulo emfuyo yakho angamaduna ngakaNdikhoyo.

[13]Ke lona izibulo ledonki uya kulikhulula ngokulihlawulela ngexhwane; ungayenzanga loo nto uze ulophule ilungu lentamo. Nonyana wakho wamazibulo uze umkhulule ngentlawulo.

[14]Kuya kuthi ke xa oonyana bebuza ukuba lithetha ntoni na elo siko, uthi: 'Sisikhumbuzo sokuba saphuma ebukhobokeni baseJiputa ngokusebenza kwamandla kaNdikhoyo.

[15]Kaloku wathi ukumkani waseJiputa akungavumi ukusikhulula, uNdikhoyo wawabulala amazibulo abantu nawemfuyo kwelaseJiputa. Ngesi sizathu ke amazibulo angamaduna kwimfuyo ndenzela ngawo uNdikhoyo idini. Ke wona amazibulo oonyana ndiwakhulula ngokuwahlawulela.

pagamos o preço do resgate para ficarmos com nossos primogênitos.

16 Isso será, pois, como um sinal amarrado à tua mão esquerda e tefilin, um símbolo em tua testa, como uma lembrança de que Yahweh nos tirou do Egito com mão forte!"

Deus guia o povo pelo caminho

17 Ora, quando o Faraó deixou o povo partir, Deus não o guiou pela rota da terra dos filisteus, embora esse fosse o caminho mais curto, porquanto entendeu o SENHOR: "Para que, porventura, o povo não se arrependa do passo dado, ao deparar-se com a guerra, e volte para o Egito".

18 Deus, então, fez o povo dar a volta pelo caminho do deserto, pelo Iám Suf, mar Vermelho, embora os filhos de Israel tivessem saído armados da terra do Egito.

19 Moisés levou consigo os ossos de José, pois havia este feito os filhos de Israel jurar solenemente, afirmando: "Deus haverá de vos visitar, e então, neste dia, levai daqui convosco os meus ossos!"

20 Os israelitas partiram de Sucote, acamparam em Etã, junto ao deserto.

21 Durante o dia o SENHOR ia adiante deles, numa coluna de nuvem, para guiá-los no caminho e, de noite, numa coluna de fogo, para iluminá-los, e assim podiam caminhar de dia e durante a noite.

22 A coluna de nuvem não se afastava do povo o dia inteiro, nem a coluna de fogo, durante toda a noite.

Êxodo 14

Deus anuncia a ruína dos egípcios

16Eli siko ke liya kufana nomqondiso osesandleni okanye ebunzi, lihlale lisikhumbuza ukuba kukusebenza kwamandla kaNdikhoyo okwasikhupha eJiputa.' "

Umqulu welifu nesithatha somlilo

17Wathi ukumkani waseJiputa akuwakhulula amaSirayeli, uThixo akawakhokela ngendlela ecanda kwelamaFilistiya, nakuba yayiyeyona imfutshane. Kaloku uThixo wathi: "AmaSirayeli akuzibona egaxeleka emfazweni, angafuna ukubuyela eJiputa."

18Ngoko ke uThixo wawakhokela ngendlela yasentlango esinga kuLwandle oluBomvu. AmaSirayeli ke aphuma eJiputa exhobele imfazwe.

19Ke kaloku uMosis wawathatha wahamba nawo amathambo kaJosefu, kuba uJosefu wayethe kumaSirayeli: "Ngenye imini uThixo uya kuze anivelele, anikhuphe nimke apha; ngoko ke fungani ukuba niya kuhamba nawo amathambo am."

20AmaSirayeli ke anduluka eSukoti, aya kuphumla e-Etam enyeleni yentlango.

21Apho ke eluhambeni uNdikhoyo wayewakhokela ngomqulu welifu emini, aze ebusuku awakhokele ngesithatha somlilo.

22Lo mqulu welifu ke wawuhlala uhamba phambi kwawo emini, nesithatha somlilo sisenjenjalo ebusuku.

Eyemfuduko 14

KuLwandle oluBomvu

[1] Então disse o SENHOR a Moisés:
[2] "Dize aos filhos de Israel que retrocedam e acampem diante de Pi-Hairote, entre Migdol. Acampai-vos à beira-mar, defronte de Baal-Zefom.
[3] E assim o Faraó há de pensar acerca dos filhos de Israel: "Eis que os israelitas estão perdidos, vagando atônitos pelo deserto!"

[4] Então endurecerei novamente o coração do Faraó, e ele vos perseguirá, e serei glorificado no Faraó e em todo o seu exército; e os egípcios saberão que Eu Sou Yahweh!" E eles assim fizeram.

[5] Sendo, pois, anunciado ao rei do Egito que o povo tinha fugido, transtornou-se o coração do Faraó e de seus servos contra o povo. E eles exclamaram: "Que é isso que fizemos, deixando os filhos de Israel, nossos escravos, fugirem de nosso serviço?"
[6] Rapidamente o Faraó mandou aprontar sua carruagem e tomou consigo seu exército.
[7] Levou consigo todos os carros do Egito, inclusive seiscentos dos melhores carros de combate, cada um com um oficial no comando.

[8] E o SENHOR endureceu o coração do Faraó, rei do Egito, e este perseguiu os israelitas, que marchavam triunfalmente.

[9] Os egípcios perseguiram-nos, com todos os cavalos e carros do Faraó, e os cavaleiros e o seu exército, e os alcançaram acampados junto ao mar, perto de Pi-Hairote, defronte de Baal-Zefom.

[1] UNdikhoyo wayalela uMosis wathi:
[2]"Yitsho kumaSirayeli abuye umva, afike athi xha phambi kwePi-hahiroti phakathi kweMigdoli noLwandle oluBomvu ngaseBhali-zefon.

[3]Yena ukumkani waseJiputa uza kucinga ukuba niyabhadula, nivalelwe yintlango.

[4]Ndisaza kumqaqadekisa anisukele, ndize ndithi ndakumoyisa ndawonye nemikhosi yakhe ndizuze udumo. NamaJiputa aya kutsho aqonde ukuba ndinguNdikhoyo." Okunene ke amaSirayeli enza ngokomyalelo lowo.

[5]Ukumkani ndawonye namaphakathi akhe bathi, bakuva ukuba ngenene amaSirayeli emkile, bajibilika. Ewe, suka bazisola, bathi: "Besingenwe yini kakade, ukuze senze into enje? Bekutheni ukuze siwayeke amakhoboka ethu emke?"
[6]Ngoko ke ukumkani waxhoba, wabopha iinqwelo zakhe zokulwa, waphuma nomkhosi wakhe.
[7]Wakhupha nezona nqwelo zithembekileyo zimakhulu omathandathu, zibhexeshwa ziingqwayi-ngqwayi ezaziwayo. Akashiyanga nanye kwiinqwelo zaseJiputa.
[8]UNdikhoyo wamenza waneenkani ukumkani waseJiputa, wawasukela amaSirayeli; aye wona phofu ehamba ngesibindi.
[9]Yaphuma imikhosi yamaJiputa, yasukela ngeenqwelo zamahashe. Yayiziinqwelo nabeenyawo. Yabafumana bephumle ngakuLwandle oluBomvu, kufutshane nePi-hahiroti neBhali-zefon.

[10] Quando o Faraó se aproximou, os filhos de Israel levantaram os olhos e eis que os egípcios vinham atrás deles. Tiveram grande medo. E então os filhos de Israel clamaram a Yahweh.

[10]AmaSirayeli athi akubona umkhosi wokumkani waseJiputa ugaleleka, ankwantya, abhenela kuNdikhoyo.

[11] E reclamaram a Moisés: “Não havia talvez número suficiente de sepulturas no Egito, e por isso nos tiraste de lá para morrermos no deserto? Por que nos trataste assim, fazendo-nos sair do Egito?

[11]Abhekisa kuMosis athi: “Kungokuba kungekho mangcwaba na eJiputa, le nto usizisa entlango, ukuze sifele khona? Uyayibona ke into oyenzileyo ngokusikhupha eJiputa? Asiyiyo le nto sasiyithetha kuwe phambi kokuba sinduluke?

[12] Não é isto que te dizíamos no Egito: Deixa-nos, para que sejamos escravos dos egípcios em paz? Pois, melhor nos fora servir aos egípcios do que morrermos no deserto!”

[12]Ewe, sasitshilo kuwe sathi siyeke sibe ngamakhoboka amaJiputa. Bekubhetele ukuba sibe ngamakhoboka awo endaweni yokuba size kufela kule ntlango!”

[13] Então Moisés encorajou seu povo dizendo: “Não temais! Permanecei firmes e vereis o que Yahweh fará hoje mesmo, para vos salvar a todos; porque os egípcios que vedes neste momento, nunca mais os tornareis a ver!

[13]Ke yena uMosis wathi kuwo: “Sanukoyika; qinani! Niza kubona; uNdikhoyo uza kunihlangula namhlanje! Ke wona la maJiputa niwabonayo namhlanje soze niphinde niwabone kwakhona!

[14] Yahweh combaterá por vós. Quanto a vós, acalmai-vos e ficai calados!

[14]Zolani nina; uNdikhoyo uza kunilwela!”

A passagem pelo meio do mar

[15] Então o SENHOR indagou a Moisés: “Por que clamas por mim? Dize aos filhos de Israel que marchem avante!

[15]UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: “Sesani ke esi sikhalo nisenzayo? Yitsho amaSirayeli ahambele phambili.

[16] E tu, levanta o teu cajado, estende a mão sobre o mar e divide-o, para que os filhos de Israel atravessem o mar caminhando sobre o chão seco.

[16]Wena yolula ingalo yakho, uphakamise induku phezu kolwandle. Amanzi aya kuhlukana kubini, aze amaSirayeli awele ehamba emhlabeni owomileyo.

[17] Eu, no entanto, ainda endurecerei o coração dos egípcios para que vos sigam e serei glorificado por intermédio do Faraó e

[17]AmaJiputa ndiya kuwenza abe neenkani, atyhudise emva kwamaSirayeli. Ke mna olwam uloyiso luya kuqaqamba phezu

de todo o seu exército, em seus carros e cavaleiros.

[18] E os egípcios saberão que Eu Sou Yahweh, quando for glorificado no Faraó, em seus carros de guerra e em seus cavaleiros.

[19] Então o Anjo de Deus, que ia adiante do exército de Israel, retirou-se e passou para trás deles. Também a coluna de nuvem retirou-se de diante deles e se pôs atrás,

[20] ficando entre o acampamento dos egípcios e o acampamento de Israel. A nuvem era tenebrosa do lado egípcio, mas iluminava a noite, do lado israelense. E a noite passou sem que um pudesse aproximar-se do outro durante toda a escuridão da noite.

[21] Então Moisés estendeu a mão sobre o mar. E Yahweh, por meio de um forte vento oriental que soprou toda aquela noite, fez o mar se afastar. Este tornou-se em terra seca, e as águas foram divididas.

[22] Os filhos de Israel entraram pelo meio do mar em seco; e as águas formaram como um muro de água à direita e à esquerda.

[23] Os egípcios que os perseguiram entraram atrás deles até o meio do mar cujas águas formaram muralhas de água dos dois lados do caminho seco, com todos os cavalos do Faraó, seus carros de guerra e seus cavaleiros.

[24] Pouco antes da alvorada, do alto da coluna de fogo e de nuvem, Yahweh olhou para o exército dos egípcios e lançou grande

kokumkani nemikhosi yakhe, ngokunjalo neenqwelo zakhe.

[18]Ndiya kuthi ndakumoyisa ukumkani wamaJiputa nomkhosi wakhe, abantu bakhe batsho bandazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

[19]Kwesi sithuba ke isithunywa sikaThixo esasiwakhokele amaSirayeli sajikela ngasemva salandela. Ngokunjalo nomqulu welifu owawuwakhokela

[20]wajika wema phakathi kwamaSirayeli namaJiputa. Ilifu elo lasitha kwatsho kwasebusuku kumaJiputa, kodwa kwakukhanya kumaSirayeli. Loo nto ke yatsho ayabi nakuhlangana loo mikhosi mibini bonke obo busuku.

[21]Ngenene ke uMosis wasolula isandla sakhe phezu kolwandle, waza uNdikhoyo wathumela umoya onzima wasempuma, walududula ulwandle, kwavela umhlaba owomileyo. Umoya lowo wabhudla ubusuku bonke, aza ahlukana kubini amanzi.

[22]AmaSirayeli awela emhlabeni owomileyo,amanzi eziindonga ngapha nangapha.

[23]Ke kaloku amaJiputa xa ewonke, neenqwelo kunye namahashe okumkani, axhabasha angena elwandle esukela amaSirayeli.

[24]Ekuzeni kokusa uNdikhoyo ekwelo lifu neso sithatha somlilo wayijonga imikhosi yamaJiputa, yatsho yaphithizela.

confusão e temor entre todos os homens do Faraó.

[25] O SENHOR emperrou as rodas dos carros de guerra dos egípcios, e fê-los andar com muita dificuldade em meio à coluna de água que se mantinha erguida. Então os egípcios começaram a gritar: “Fujamos da presença de Israel, porque Yahweh combate a favor deles contra o Egito!”

[26] Então Yahweh ordenou a Moisés: “Estende a mão sobre o mar, para que as águas se voltem contra os egípcios, sobre todos os seus carros de guerra e sobre seus exércitos de cavaleiros!”

Os egípcios perecem no mar

[27] Moisés estendeu a mão sobre o mar e este, ao romper da manhã, voltou para seu leito. Todos os egípcios, ao tentarem fugir do meio do mar, correram de encontro às águas que se fechavam por sobre o caminho, e o SENHOR os precipitou para dentro do mar.

[28] As águas voltaram-se e cobriram os carros e cavaleiros de todo o exército do Faraó, que havia perseguido os filhos de Israel mar adentro. Nenhum egípcio que entrou no mar conseguiu sobreviver.

[29] Os israelitas, entretanto, atravessaram o mar pisando sobre terra seca, tendo uma parede de água à direita e outra à esquerda.

[30] Naquele dia Yahweh salvou os filhos de Israel das mãos inimigas dos egípcios, e os israelitas puderam contemplar os corpos dos egípcios mortos, lançados à praia pelo mar.

[31] Israel viu o maravilhoso poder do SENHOR e depositou nele sua confiança, como também em Moisés, seu servo.

[25]Amavili eenqwelo amomana, baza baba ngathini abaqhubi zaxinga. AmaJiputa akhala athi: “UNdikhoyo uyawalwela amaSirayeli; masiwayeke sisabe.”

[26]Ke kaloku uNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Yolula isandla sakho phezu kolwandle kwakhona, ukuze amanzi awagubungele amaJiputa kunye neenqwelo zawo.”

[27]UMosis wenza ngokomyalelo lowo, kwaza kwathi ke ngomsobomvu amanzi athi wayi-wayi abuyela endaweni yawo. Athi ke esaduntsuza ezama ukubaleka amaJiputa, uNdikhoyo wawagubungela ngolwandle.

[28]Ewe, amanzi adibanisa abuyela kwindawo yawo yesiqhelo, aza ke wona amaJiputa neenqwelo zawo nawo wonke umkhosi kakumkani owawuleqa amaSirayeli wantywiliselwa lulwandle, akwasala nomnqongo lo!

[29]Kanti ke wona amaSirayeli awela emhlabeni owomileyo, amanzi aludonga ngapha nangapha.

[30]Ngaloo mini ke uNdikhoyo wawasindisa amaSirayeli kumaJiputa. AmaSirayeli ayibona imizimba yamaJiputa iqungquluze elunxwemeni lolwandle.

[31]Athi amaSirayeli akukubona ukusebenza kwamandla kaNdikhoyo ngokoyisa amaJiputa, angenelwa luloyiko, amhlonela.

Ewe, azinikela kuNdikhoyo, akholelwa kwisicaka sakhe uMosis.

Êxodo 15

O cântico de Moisés

1 Então, Moisés e todos os filhos de Israel entoaram este canto de adoração e louvor a Yahweh: “Cantarei ao SENHOR, pois triunfou gloriosamente. Precipitou cavalos e cavaleiros no fundo do mar.

2 Yahweh, o SENHOR é a minha força e o meu canto, a ele devo a minha salvação! Ele é o meu Deus e o louvarei, é o Deus de meu pai, e o exaltarei!

3 O SENHOR é o grande guerreiro, o seu Nome é Yahweh!

4 Ele lançou no mar os carros de guerra e o exército do Faraó. Os melhores oficiais afogaram-se no mar Vermelho.

5 Águas do abismo os encobriram; como pedras sucumbiram ao fundo.

6 SENHOR, tua mão direita foi majestosa em poder. SENHOR, teu braço forte despedaçou o inimigo.

7 Em teu triunfo esplendoroso, abateste os teus inimigos. Enviaste o teu furor flamejante, que os consumiu como palha.

8 Pelo poderoso sopro das tuas narinas as águas se amontoaram em colunas. As águas rebeldes e turbulentas firmaram-se como imensa muralha; e as águas dos abismos retesaram-se no coração do mar.

9 O inimigo se gabava: ‘Eu os perseguirei e os alcançarei, tomarei o despojo e os

Eyemfuduko 15

Ingoma kaMosis

1Kwesi sithuba ke uMosis namaSirayeli bahlabela le ngoma, bedumisa uNdikhoyo: “Ndosuka ndintyiloze ndiculele uNdikhoyo; kaloku yena woyise wada watshatshela. Ihashe ngokunjalo nophezu kwalo ulintywilisele phakath' elwandle.

2UNdikhoyo yinqaba negwijo lam; ndinje-nje-nje ndisindiswe nguye. Nanko ke uThixo wam, ndiyamdumisa; nguThixo woobawo, ndotshila ngaye.

3“ UMhlekazi yena ulijoni; igama lakhe nguNdikhoyo.

4Umkhosi wamaJiputa neenqwelo zawo wasuka waziphos' elwandle; iingqwayi-ngqwayi zomkhosi ezinamagama uzigubungele ngoLwandl' oluBomvu.

5Ngoku zambathiswe yinzonzobila; suka zazika ngathi lilitye.

6“Hayi kamb' isandla sakho, Ndikhoyo, yingwanyalal' etshatsheleyo! Ewe, isandla sakho, wena Ndikhoyo, siyaluvikiva utshaba lwakho.

7Ngangamsh' engatshonelwa langa, ezikhahlela phants' izibhoja; umavulel' umsindo ozayo, uzithi lenye ngathi kutsh' ingca!

8Ngokuphefumla kwakho nje qha suka ulwandle lwaba ziingqimba, amanzi asuka aba ludonga, inzonzobila yolwandle yakhenkceza.

9Utshaba lwathi: ‘Mandisukele ndibabambe. Ndiya kuxhaphaz' amaxhoba, ndizanelise.

devorarei. Sacarei a minha espada e minha mão os prendeá!'

10 Mas enviaste o teu sopro poderoso, e o mar os tragou. Afundaram como chumbo nas águas mais profundas.

11 Quem entre todos os deuses é comparável a Ti, SENHOR? Quem é semelhante a Ti? Majestoso em santidade, terrível em façanhas, autor de maravilhas?

12 Estendeste tua mão direita e a terra os engoliu.

13 Levaste em teu amor este povo que resgataste, e o guiaste com poder para a morada que Tu consagraste!

14 Os povos ouviram falar sobre o que realizaste e estão apavorados; angústia se apodera dos filisteus.

15 Os chefes de Edom igualmente estão aterrorizados; os poderosos de Moabe, todos tomados de temos; os guerreiros de Canaã afrouxaram.

16 Terror e pavor abateu-se sobre eles; pelo poder do teu braço forte ficaram paralisados como pedra; até que passe o teu povo, ó Yahweh, até que passe este povo que Tu adquiriste!

17 Tu o farás adentrar a terra e o plantarás no monte da tua herança. No lugar onde fizeste, ó Yahweh, a tua habitação, no santuário, ó SENHOR, qaue as tuas mãos prepararam.

18 Yahweh reinará para todo o sempre!"

Ndiya kuxhoba ndif' amacala, nditshayele nditshabalalise ngekrele.'

10Suka ke uNdikhoyo wafutha, kwaba kanye antywiliseleka amaJiputa. Ewe, azika nywam emanzini, kwanga kukweyela kwesinyithi.

11"Kodw' angavela ph' onjengawe, Ndikhoyo, obalasele kangaka ngobunyulu, omiqondiso ikhamnqisa kangaka, ozenzo zimangalisa ngokuncamisayo?

12Wathi wakusolula esakho isandla, umhlaba wazithi bimbilili iintshaba zethu.

13Thembekil' othando lungatshitshiyo, uyabakhokel' abant' obahlawuleleyo; ngobungangamsha bakho ubathundezile, bagaleleka kwikhaya lakho elingcwele.

14Izizwe zithe zingeva zaphithizela liphaphu, atshw' amaFilistiy' arhwaqela luvalo.

15Iinkosi zakwaEdom zibamb' ongezantsi; izinxiba-mxhaka zakwaMowabhi ziyatyhwatyhwa. Asisathethi ke ngezima-mhlaba zaseKanana, kuba zona ziya kunyibilika.

16Suka zazibhija-bhija zinkwantya; ngobungangamsha bakho zaw' isiduli. Baz' abakaNdikhoyo bagqitha bengcambaza; nditsho abakhululwa awabathengayo.

17Wabathatha wabemisa entabeni yakho, ndawo leyo ilikhaya lakho, Ndikhoyo; ewe, endlwini yakho, Ndikhoyo, leyo wazakhela yona.

18Hayi ke bethu, yena uNdikhoyo uya kulawula ngonaphakade kanaphakade."

Ingoma kaMiriyam

[19] Os israelitas atravessaram o mar sobre terra seca. Porém, quando os carros de guerra dos egípcios, com seus cavalos e cavaleiros, entraram no mar, o SENHOR Deus fez que as águas retornassem à sua posição natural e os cobrissem.

A dança de Miriã e das mulheres

[20] Então, Miriam, a profetiza, irmã de Arão, tomou um tamborim e todas as mulheres a seguiram, tocando tamborins e dançando.

[21] E Miriam lhes respondia, entoando: "Cantai a Yahweh, pois triunfou gloriosamente; Ele lançou no mar o cavalo e seu cavaleiro!"

[22] Mais tarde, Moisés conduziu os filhos de Israel desde o mar Vermelho até o deserto de Sur. Durante três dias caminharam para dentro do deserto sem encontrar água.

As águas amargas tornam-se doces

[23] Todavia, quando chegaram a Mara, não lhes foi possível beber da água dali, porquanto era amarga. Esse é o motivo pelo qual esse lugar passou a ser chamado Mara.

[24] Então o povo começou a reclamar a Moisés, inquirindo: "Que haveremos de beber?"

[25] Moisés clamou ao SENHOR, e Ele indicou um arbusto. Moisés o pegou e o lançou sobre as águas, e estas tornaram-se boas para beber. Foi em Mara que Yahweh entregou aos israelitas leis e ordenanças, e submeteu a prova, a obediência deles ao SENHOR,

[19]Kaloku kwathi esakungena elwandle amahashe okumkani neenqwelo nabaqhubi, uNdikhoyo wawagubungela ngamanzi, atshona. Kanti ke wona amaSirayeli aluwela ulwandle ehamba emhlabeni owomileyo.

[20]Ke kaloku umshumayelikazi uMiriyam, udade boAron, waqubula igubu lakhe, baza bonke ababhinqileyo bamlandela namagubu abo, batsho ngentsholo bengqungqa.

[21]UMiriyam ke wahlabela ingoma wenjenje: "Hoyina! Memelelani nitsholoze! UNdikhoyo woyise wada watshatshela! Ihashe ngokunjalo nophezu kwalo ulintywilisele phakath' elwandle."

Amanzi akrakrayo

[22]UMosis ke wawakhokela amaSirayeli, balushiya uLwandle oluBomvu, baya kungena kwintlango iShure. Baba ntsuku-ntathu behamba kuloo ntlango; bengafumani manzi.

[23]Ngelikade baya kufika kwindawo ekuthiwa yiMara. Apha ke bawafumana amanzi, koko ayekrakra engaseleki. Kungenxa yeso sizathu kwakusithiwa nguKrakrayo nje igama layo.

[24]Ke kaloku amaSirayeli amkhalazela uMosis, athi: "Uthi siza kusela ntoni ke?"

[25]UMosis wakhala kuNdikhoyo, waza ke yena wathi makakhe ihlamvu lomthi othile, alifake emanzini apho. Akuba enjenjalo ke, baphela ubukrakra emanzini, aba nokuselwa. Apha ke kulapho wabanika

[26] declarando: “Se ouvires atento a voz de Yahweh, teu Deus, e fizeres o que é reto diante dos seus olhos, se deres ouvidos aos seus mandamentos e guardares todas as suas leis, nenhuma enfermidade virá sobre ti, das que enviei sobre os egípcios. Pois Eu Sou Yahweh, Aquele que te restaura!”

[27] Então chegaram a Elim, onde havia doze fontes de água e setenta palmeiras; e acamparam junto às águas.

imimiselo yokuziphatha uNdikhoyo, wabavavanya.

[26]Wenjenje ukuthetha: “Ukuba nithe nandithobela ngokupheleleyo, nenza okuhle nokufanelekileyo ngokuhamba ngemimiselo yam, soze ndinohlwaye ngezibetho nezifo endaziwisela amaJiputa. Kaloku mna ndinguNdikhoyo, ugqirha wenu.”

[27]Kamva ke bafika e-Elim, apho kwakukho imithombo elishumi elinambini, nemithi yesundu engamashumi asixhenxe. Bahlala ke bakhe baphumla kufuphi naloo manzi.

Êxodo 16

Deus manda o maná

[1] Partiram de Elim, e toda a congregação dos filhos de Israel chegou ao deserto de Sim, que situa-se entre Elim e o Sinai. Foi no décimo quinto dia do segundo mês, depois que deixaram o Egito.

[2] Toda a comunidade israelita começou a murmurar contra Moisés e Arão em pleno deserto.

[3] E os filhos de Israel reclamaram com Moisés e Arão: “Antes fôssemos mortos pela mão de Yahweh na terra do Egito, quando estávamos sentados próximos às panelas de carne e podíamos comer pão com fartura! Evidentemente nos trouxeste a este deserto para fazer toda esta multidão morrer de fome!”

[4] Então Yahweh disse a Moisés: “Eis que farei descer pão do céu! Sairá o povo e colherá a porção de cada dia, a fim de que Eu o ponha à prova para ver se anda ou não na minha lei.

Eyemfuduko 16

Imana kunye nezagwityi

[1]Ke kaloku amaSirayeli anduluka e-Elim, aza athi ngenyanga yesibini kusuku lweshumi elinesihlanu andulukayo eJiputa, agaleleka kwintlango iSin. Yona ke iphakathi kwe-Elim neSinayi.

[2]Kanye ke apho kuloo ntlango amaSirayeli abakhalazela ooMosis noAron,

[3]athi kubo: “Akwaba uNdikhoyo wayesibulalele eJiputa. Kaloku noko khona sasisitya inyama; kanti ke nokunye ukutya sasikutya side sikushiye. Kuba kucacile nisizise kule ntlango ukuze eli bandla xa lilonke nilichane ngendlala life.”

[4]UNdikhoyo wathetha noMosis wathi: “Uyabona ke ndiza kuthoba ukutya kune njengemvula, ukuze nonke nitye. AmaSirayeli makaphume aye kuzicholela ukutya okulingene imini mihla le. Ndizimisele ukukhe ndiwavavanye

ndiwaqonde ukuba azimisele na ukuwuthobela umyalelo wam.

5 Porém, no sexto dia, trarão para serem preparados dois tantos do que recolheram nos outros dias!”

5Kodwa ke ngomhla wesithandathu makaqokelele azilungiselele ukutya kwemihla emibini.”

6 Então Moisés e Arão admoestaram toda a comunidade israelita ali reunida: “À tarde sabereis que foi o SENHOR quem vos fez sair da terra do Egito,

6Ngoko ke uMosis noAron bathetha nawo amaSirayeli, bathi: “Ngokuhlwanje niza kuqonda ukuba nguNdikhoyo owanikhupha eJiputa,

7 e pela manhã, vereis a glória do SENHOR, porquanto Yahweh ouviu as vossas murmurações contra Ele. Nós, contudo, o que somos para que reclameis contra nós?”

7kuba ngomso kusasa niya kukubona ukuqaqamba kobukho bukaNdikhoyo. Kaloku yena uzivile izikhalazo zenu; gxebe besingoobani ukuba ningade nisikhalazele thina?”

8 Disse mais Moisés: “O SENHOR vos dará, esta tarde, carne para comer e, pela manhã, pão com fartura, pois ouviu a vossa queixa contra Ele. Porquanto nós, o que somos? Não são contra nós as vossas murmurações e, sim, contra a pessoa de Yahweh!”

8UMosis waqhuba wathi: “UNdikhoyo uza kunipha inyama, nitye ngokuhlwa, kanti nakusasa uza kunipha isonka, nitye nihluthe, kuba uzivile izikrokro zenu enimkhalazela ngazo. Kakade ke besingoobani thina? Hayi bo! Anikrokreli thina, nikrokrela uNdikhoyo!”

9 Então disse Moisés a Arão: “Dize a toda a comunidade dos filhos de Israel: ‘Aproximai-vos da presença do SENHOR, pois Ele ouviu as vossas queixas!’”

9UMosis wayalela uAron ukuba axelele amaSirayeli aphume aye kubonana noNdikhoyo njengoko ezivile izikhalazo zawo.

10 Ora, quando Arão falava a toda a comunidade israelita reunida, eis que olharam em direção ao deserto, e a Glória do SENHOR surgiu na nuvem.

10Esathetha nje uAron, athe amaSirayeli akukhangela ngasentlango abubona ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bubengezela efini.

Deus manda carne

11 E o SENHOR falou a Moisés, afirmando:

11Wathi ke uNdikhoyo kuMosis:

12 “Eu ouvi as murmurações dos filhos de Israel; dize-lhes, pois, que ao crepúsculo comereis carne, e pela manhã vos fartareis de pão; e sabereis que Eu Sou Yahweh, o vosso Deus!”

12“Xelela amaSirayeli ukuba ndizivile izikhalazo zawo; ngoko ke ngokuhlwa ndiya kuwanika inyama atye, ndize ngentsasa elandelayo ndiwaphe intaphane yesonka, khon' ukuze andiqonde ukuba ndinguNdikhoyo uThixo wawo.”

[13] No final daquela tarde, apareceu um grande bando de codornas; eram tantas aves, que cobriram o acampamento. E no dia seguinte, ao alvorecer, havia uma camada de orvalho ao redor do acampamento.

[13]Kwathi ke ngongcwalazi kwagaleleka igquba lwezagwityi, lwathi khakhalala kuyo yonke loo ndawo ayemise kuyo amaSirayeli. Kanti ke ngengomso kwasa kulele umbethe.

[14] Quando se evaporou a camada de orvalho que caíra, flocos semelhantes à geada estavam depositados sobre a areia do deserto.

[14]Kuthe ke wakuvuthuluka umbethe lowo kwasala uqweqwe olungathi yiqabaka, lwawambathisa umhlaba.

[15] Assim que os israelitas observaram tudo aquilo, começaram a questionar uns aos outros: “Que é isto?” Pois não sabiam do que se tratava aquela coisa sobre o chão. Explicou-lhes Moisés: “Isto é o pão que Yahweh vos deu para vosso alimento!

[15]AmaSirayeli athe akuyibona le nto angayaziyo, abuzana athi: “Yintoni le?” UMosis ke wathi kuwo: “Oku kukutya enikuphiwa nguNdikhoyo.

[16] Eis que o SENHOR vos ordena: ‘Cada chefe de família colha dele quanto baste para comer, um ômer (jarro) para cada pessoa que habita em sua tenda’”.

[16]Uthe umntu ngamnye kuni makathathe kangangesisu sakhe. Lowo uthathela umzi wonke wolinganisela ukuba umntu ngamnye afumane iilitha ezimbini.”

[17] Os filhos de Israel fizeram como lhes fora orientado; e recolheram, uns mais, outros menos.

[17]Ke kaloku amaSirayeli enza ngokomyalelo lowo, abanye bathatha kakhulu, baza bambi bathatha kancinci.

[18] Quando mediram com o ômer, em quantidade de jarros colhidos, aconteceu que quem tinha pego muito não teve demais; e também não faltou nada para os que haviam recolhido pouco. Cada um acabou colhendo na medida certa, o quanto precisava de fato.

[18]Kodwa ke athe akukufaka emlinganisweni ukutya oko afumanisa ukuba othathe kakhulu akagqithisanga, kanti ke nothathe kancinci akalambathi. Umntu ngamnye wathatha ngokwentswelo yakhe.

[19] Então Moisés orientou-os: “Ninguém guarde o que colheu para a manhã seguinte!”

[19]UMosis wayalela ukuba kungabikho mntu ushiya mbeko.

[20] Mas eles não deram ouvidos a Moisés, e alguns guardaram para o dia seguinte certa provisão; porém, aquele alimento criou

[20]Kambe ke abanye abamphulaphulanga bakubeka. Ngengomso ke kwasa kubolile kuneempethu, waza ke uMosis wakhathazeka.

bichos e começou a cheirar muito mal. E, por isso, Moisés se indignou contra eles.

21 Colhiam, portanto, esse alimento, manhã após manhã. Cada um pegava o quanto podia comer e quando o sol fazia sentir o seu ardor, o floco se derretia sobre o solo.

22 Ora, no sexto dia colheram pão em dobro, dois ômeres (jarros) por pessoa; e todos os líderes da comunidade foram comunicar isso a Moisés,

23 que lhes esclareceu: "Eis que ordenou o SENHOR: 'Amanhã é o dia do repouso sagrado, shabbāth, o sábado consagrado ao Eterno. Os que quiserdes assar esse alimento no forno assai; os que desejardes cozer em água cozei-o; mas tudo o que sobrar separai, guardando para a manhã do sábado.

24 E assim procederam, guardando o alimento colhido até a manhã seguinte, como Moisés ordenara; e não cheirou mal, nem criou qualquer bicho.

25 Então ordenou-lhes Moisés: "Comei-o hoje, porque este é o dia do shabbāth, sábado do SENHOR; e, portanto, não achareis o alimento depositado sobre o solo do campo.

26 Seis dias o recolhereis, mas o sétimo dia é o shabbāth, sábado; não o encontrareis no chão.

27 Mesmo assim, no sétimo dia saíram alguns do povo para colhê-lo, porém, de fato, não o acharam.

28 Então, admoestou o SENHOR a Moisés: "Até quando recusareis obedecer aos meus mandamentos e minhas leis?

29 Vêde que o Eterno vos deu o shabbāth, sábado, e que por isso vos dará ao sexto dia

21Ngazo zonke iintsasa babethatha kangangezisu zabo. Kwakusithi ke lakuba shushu ilanga kunyibilike kuphele oko kutya kwabo.

22Ngomhla wesithandathu ke ukutya bakuthatha ngokuphindwe kabini, umntu ngamnye waneelitha ezine. Ke iinkokheli le nto zayixela kuMosis

23owathi yena kuzo: "UNdikhoyo usiyale wathi ngomso ngumhla owodwa wokuphumla, lusuku oluphawulelwe yena. Ngoko ke bhakani namhlanje xa nifuna, futhi nipheke kwanamhlanje, okuseleyo ke nikugcinele ingomso."

24Okuseleyo ke bakugcinela ingomso ngokokutsho kukaMosis. Kona ke zange konakale.

25UMosis ke wathi kubo: "Yityani namhlanje, kuba olu lusuku lokuphumla oluphawulelwe uNdikhoyo; ngalo aniyi kukufumana ukutya phandle phaya.

26Oku kutya ningakuqokelela iintsuku zibe ntandathu, kodwa ke ngolwesixhenxe nguMhla wokuPhumla; ngawo ke akukho."

27Kambe ke nangoMhla wokuPhumla bambi abantu baphuma baya kufuna ukutya, nto nje abakufumananga.

28UNdikhoyo wabhekisa kuMosis wathi: "Koda kube nini ningandithobeli, bantundini?

29Kaloku ndaninika uMhla wokuPhumla; kungenxa yaloo nto ke ndininika ukutya

pão por dois dias. Cada pessoa fique onde está, ninguém deve sair de sua habitação no sétimo dia!”

kweentsuku ezimbini nje ngomhla owandulela owokuphumla. NgoMhla wokuPhumla wonke umntu makangenzi nto, angaphumi ekhaya.”

[30] Então o povo descansou no sétimo dia.

[30]Ngenene ke abantu baphumla ngoMhla wokuPhumla.

[31] E a casa de Israel deu àquele alimento o nome de mán, maná. Aquele pão era branco como semente de coentro e tinha gosto de bolo de mel.

[31]Oku kutya ke amaSirayeli akuthiya igama athi yimana. Yona ke yayifana nembewu yekoriyanda imhlophe, emlonyeni ingathi ngamaqebengwana enziwe ngobusi.

[32] Disse Moisés: “Foi isto que o SENHOR ordenou: ‘Enchei deste alimento um jarro equivalente a um ômer, a fim de conservá-lo para vossas futuras gerações, para que possam ver o pão que vos dei no deserto, quando vos tirei da terra do Egito!”

[32]UMosis wabaxelela umyalelo kaNdikhoyo, wathi: “UNdikhoyo uthe: ‘Thathani iilitha zibe mbini zemana, nizigcinele izizukulwana ezizayo, ukuze nazo zikubone ukutya endanondla ngako entlango ukunikhupha kwam eJiputa.’ ”

[33] Então Moisés orientou Arão: “Toma um vaso com capacidade para dois litros e enche-o de maná e coloca-o diante do Eterno, a fim de que seja guardado para nossos descendentes!”

[33]UMosis wayalela uAron wathi makathathe iilitha zibe mbini zemana, azifake engqayini, azibeke esibingelelweni phambi koNdikhoyo, ibe nokubonwa nazizizukulwana ezizayo.

[34] Como Yahweh havia ordenado a Moisés, Arão o depositou diante da Arca do Testemunho para preservá-lo.

[34]Ngokomyalelo kaNdikhoyo ke uAron wayithatha, wayibeka kwityesi yomnqophiso, ukuze igcinakale.

[35] Os filhos de Israel comeram maná durante quarenta anos, até chegarem a uma terra habitável; comeram maná até chegarem às fronteiras de Canaã.

[35]Ke kaloku yaba yiminyaka emashumi mane amaSirayeli esitya imana leyo, ada afika eKanana, apho ema khona.

[36] E um ômer (jarro) equivalia à décima parte da efá (arroba).

[36](Umlinganiselo ovunyiweyo ke waloo maxesha wawuyiefa, engangamashumi amabini eelitha. Isishumi sayo yayiyioma, engangeelitha ezimbini.)

Êxodo 17

A jornada pelo deserto de Sim e a falta de água

[1] Toda a congregação dos filhos de Israel partiu do deserto de Sim para as etapas

Eyemfuduko 17

Amanzi ampompoza eliweni

(Ntlango 20:1-13)

[1]Ekuphumeni kwintlango iSin onke amaSirayeli ahamba amabanga

seguintes, caminhando de um lugar para outro, de acordo com as ordens do SENHOR, e acamparam em Refidim, porém, lá não havia água para beber.

ngamabanga ngokuyalelwa nguNdikhoyo, ada aya kufika eRefidim, akhe aphumla khona. Kule ndawo ke ayengekho amanzi.

2 O povo se desentendeu, pois, com Moisés, e exigiu: "Dá-nos água para beber!" Ao que lhes respondeu Moisés: "Por que discutis comigo? Por que colocais o SENHOR à prova?"

2AmaSirayeli asuka ke alwa noMosis, athi: "Sinxaniwe; siphe amanzi!" UMosis wathi kuwo: "Kutheni nisilwa nam nje? Nimlingelani uNdikhoyo?"

3 Ali o povo teve muita sede e protestou contra Moisés, exclamando: "Por que nos fizeste subir do Egito, para nos matar de sede a nós, a nossos filhos, e a nossos animais?"

3Kambe ke amaSirayeli akayekanga ukumkhalazela uMosis, kuba ayenxaniwe. Athi: "Kodwa kodwa, ungathini ukusikhupha eJiputa, ukuze uze kusichana ngonxano, thina nentsapho nemfuyo yethu?"

4 Então Moisés rogou a Yahweh, clamando: "Que farei a este povo? Pouco falta para que me apedrejem!"

4UMosis wazibika kuNdikhoyo, wathi: "Kodwa ndiza kubathini aba bantu? Bangasuka bandixulube ngamatye."

5 E Yahweh respondeu a Moisés: "Passa adiante do povo e toma contigo alguns dos líderes de Israel; leva contigo, na mão, o cajado com que feriste o Nilo, e vai.

5UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi: "Thatha amadoda amakhulu, uhambe nawo, uwashiye amaSirayeli; ungayishiyi induku yakho owabetha ngayo umlambo iNayile.

6 Eis que estarei à tua espera no alto da rocha do monte Horêv, Horebe. E baterás na rocha, e sairá dela água e o povo dela beberá!" E Moisés assim fez na presença dos anciãos de Israel.

6Ke mna uya kufika ndikulinde eliweni eHorebhe. Libethe iliwa elo. Kuya kumpompoza amanzi, amaSirayeli abe nokusela." Yonke ke le nto uMosis wayenza ekunye namadoda amakhulu.

7 E deu àquele lugar o nome de Massá e Meribá, porque ali os israelitas protestaram e puseram o SENHOR à prova, questionando: "O SENHOR está mesmo entre nós, ou não?"

7Le ndawo ke yathiywa igama kwathiwa yiMasa neMeribha, kuba kaloku apha amaSirayeli alwa noMosis, amvavanya uNdikhoyo, esithi: "Ukho na phakathi kwethu uNdikhoyo, nokuba hayi?"

Amaleque peleja contra os israelitas

8 E aconteceu que os amalequitas vieram atacar os filhos de Israel em Refidim.

Idabi nama-Amaleki

8Apha eRefidim ke ama-Amaleki eza ahlasela amaSirayeli.

[9] Então Moisés ordenou a Josué: "Escolhe homens, e amanhã sai para combater contra Amaleque; eu me posicionarei no alto da colina, com o cajado de Deus em minhas mãos!"

[10] Fez Josué como Moisés tinha orientado, e saiu para lutar contra os amalequitas. Enquanto isso, Moisés, Arão e Hur subiram até o alto da colina.

[11] Durante o tempo em que Moisés ficava com as mãos levantadas, Israel prevalecia no combate; quando, porém, Moisés baixava as mãos cansadas, Amaleque tinha vantagem.

[12] Ora, as mãos de Moisés estavam pesadas; tomando então uma pedra, puseram-na debaixo dele, para que nela pudesse assentar-se. Arão e Hur mantiveram erguidas as mãos de Moisés, um de cada lado. Assim suas mãos permaneceram firmes até o pôr-do-sol.

[13] E Josué pôs em fuga Amaleque e seu povo, ao fio da espada.

[14] Então Yahweh ordenou a Moisés: "Escreve isto para memorial em livro e declara a Josué que hei de extinguir a memória dos amalequitas de debaixo do céu!"

[15] Depois Moisés construiu um altar, e pôs-lhe este nome: Adonai-Nissi, "o Eterno fez-me aqui um grande milagre",

[16] porque ele declarou: "Porquanto Deus levantou a sua bandeira de guerra e jurou, sobre seu trono, que o Eterno lutará contra os amalequitas, de geração em geração!"

Êxodo 18

[9]UMosis ke wayalela uYoshuwa wathi: "Khetha amadoda athile, niphume niye kulwa nama-Amaleki. Ngomso mna ndiya kuma phezu kwentaba ndiphethe laa nduku ndiyinikwe nguThixo."

[10]UYoshuwa wenza ngokomyalelo kaMosis, baphuma baya kulwa nama-Amaleki. Ke yena uMosis, enoAron noYuri, benyukela phezu kwentaba.

[11]Ngalo lonke ixesha uMosis eziphakamisile izandla zakhe, amaSirayeli ayewagxotha ama-Amaleki; kodwa athi akuzithoba izandla, oyiswe amaSirayeli.

[12]Wathi akudinwa uMosis, uAron noYuri bamhlalisa elityeni, bamxhaka, baphakamisa iingalo zakhe lada latshona ilanga.

[13]Ngale ndlela ke uYoshuwa wawaswantsulisa ama-Amaleki.

[14] UNdikhoyo ke wathetha noMosis, wathi: "Yibhale ingcombolo yale mfazwe, khon' ukuze ingaze ilibaleke. Xelela uYoshuwa ukuba ndizimisele ukuwacim' igama ama-Amaleki kwelimiweyo."

[15]UMosis wenza iqonga lamadini, wathi igama lalo nguNdikhoyo intshinga yam,

[16]esithi: "Yiphakamiseni intshinga kaNdikhoyo. UNdikhoyo uya kulwa naye uAmaleki kude kube ngunaphakade."

Eyemfuduko 18

O sogro de Moisés traz-lhe sua mulher e seus filhos

[1] Jetro, sacerdote de Midiã e sogro de Moisés, foi informado sobre tudo o que Deus havia realizado em benefício de Moisés e de Israel, seu povo: como Yahweh havia feito Israel sair do Egito.

[2] Moisés havia mandado Zípora, sua esposa, para a casa de seu sogro Jetro, que a recebeu

[3] com seus dois filhos, um dos quais se chamava Gérson, porque Moisés justificara: "Sou um imigrante em terra estrangeira";

[4] e o outro, Eliézer, porque "o Deus de meu pai é minha ajuda e me libertou da espada do Faraó".

[5] Jetro, o sogro de Moisés, foi junto com os filhos e a esposa de Moisés encontrar-se com ele no deserto, onde estava acampado junto à montanha de Deus.

[6] Disseram a Moisés: "Eis que teu sogro Jetro vem a ti, acompanhado de tua esposa com os teus dois filhos".

[7] Moisés saiu ao encontro do sogro, inclinou-se diante dele, abraçou-o e, indagando pelo bem-estar um do outro, entraram na tenda.

[8] Moisés contou ao sogro tudo o que o SENHOR havia feito ao Faraó e aos egípcios por causa dos filhos de Israel, assim como todas as tribulações que encontraram pelo caminho, das quais o SENHOR os livrara.

[9] Jetro alegrou-se por todo o bem que o SENHOR tinha feito aos filhos de Israel, livrando-os da mão dos egípcios.

UJetro utyelela uMosis

[1]Ke kaloku uyise womka-Mosis uJetro, owayengumbingeleli waseMidiyan, weva ngezinto awayezenzelwe nguThixo uMosis kunye namaSirayeli, ukubakhupha kwakhe eJiputa.

[2]Wasuka weza kuMosis, ehamba noZipora umka-Mosis,

[3]noGershom noElizere oonyana bakhe, kuba kaloku bona wayebabuyisele ebukhweni bakhe. UMosis wathi xa ethiya omnye woonyana bakhe wathi nguGershom, kuba esithi: "Ndandingumbhaceli kwelasemzini."

[4]Waza ke omnye wathi nguElizere, kuba esithi: "UThixo woobawo wandinceda wandihlangula kwikrele lokumkani waseJiputa."

[5]OoJetro ke badibana noMosis entlango, emise ngasentabeni kaThixo.

[6]Lafika ke ilizwi kuMosis, livela kuJetro, esithi: "Ndiyeza nomkakho noonyana bakho bobabini."

[7]Waphuma ke uMosis, wabahlangabeza. Akufika kuyise womkakhe wakhahlela wamanga. Babuzana impilo ke, baya kungena endlwini kaMosis.

[8]UMosis wabalisela uJetro ngazo zonke izenzo zikaNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nangamasuka-ndihlala amaSirayeli ekuphumeni kwawo eJiputa ekhokelwa nguNdikhoyo.

[9]UJetro wavuya kakhulu akuziva ezo ndaba zimnandi zokuhlangulwa kwamaSirayeli nguNdikhoyo kumaJiputa.

[10] Então Jetro disse: "Bendito seja Yahweh que vos libertou da mão dos egípcios e da mão do Faraó, e libertou o povo da submissão aos egípcios.

[11] Agora sei que Yahweh é maior que todos os deuses, porquanto Ele os superou exatamente naquilo de que se vangloriavam.

[12] Jetro, o sogro de Moisés, ofereceu a Deus um holocausto e sacrifícios. Vieram Arão e todos os anciãos de Israel, para comerem pão com o sogro de Moisés, na presença de Deus.

[13] No dia seguinte, assentou-se Moisés para julgar as questões do povo; e as pessoas estavam em pé diante de Moisés desde a manhã até o entardecer.

[14] O sogro de Moisés, observando todo o trabalho dele para atender todo o povo que o procurava, questionou: "Que é isto que fazes com o povo? Por que te assentas sozinho, e todo o povo está em pé diante de ti, desde a manhã até o pôr dosol?"

[15] Replicou Moisés ao sogro: "É porque o povo vem a mim para consultar a Deus.

[16] Quando têm uma questão, vêm a mim. Julgo entre um e outro e lhes faço conhecer os mandamentos e as leis de Deus!"

[17] O sogro de Moisés lhe sugeriu: "Não é bom o que fazes!"

[18] Certamente em breve ficareis exaustos, tu e teu povo, porquanto esta tarefa é sobremodo pesada para ti; não te será possível realizá-la sozinho.

[10]Wadanduluka wathi: "Makabongwe uNdikhoyo onihlangule kukumkani waseJiputa nabantu bakhe.

[11]Ngoku nam ndiyangqina ukuba ehlabathini akakho olingana noNdikhoyo, kuba yena amaSirayeli uwahlangule kolungaka lona ulunya lwamaJiputa."

[12]Ngoko ke uJetro wenzela uThixo idini elitshiswayo neminye imibingelelo. Ke uAron, ekunye namadoda amakhulu akwaSirayeli, beza baxhamla izidlo ezo kunye noJetro umkhwe kaMosis, bekhonza uThixo.

Ukumiselwa kwabalamli

(Hlaz 1:9-18)

[13]Kwangentseni ngomhla olandelayo uMosis waba sisinxadanxada, echophele amatyalala, esombulula iingxaki zamaSirayeli kwada kwahlwa.

[14]Uthe ke uJetro akuyibona le meko yokuxakeka kukaMosis, wabuza wathi: "Khawutsho, yintoni kanye le niyenzayo naba bantu bakho? Khona, ngani ukuba ube wedwa, bona beze bengumngcelele, bafike bakuphahle kwangentseni kude kuhlwe?"

[15]UMosis waphendula wathi: "Kaloku aba bantu beza kum khon' ukuze ndibabeke emkhondweni mayela nentando kaThixo,

[16]kuthi xa benembambano beze kum ukuze ndibalamle ndibachazele imimiselo nemiyalelo kaThixo."

[17]Ke yena uJetro wathi kuMosis: "Hayi, nyana, olu hlobo wenza ngalo alulunganga.

[18]Ngale ndlela uqhuba ngayo uyaziqoba. Uya kuxhwaleka uphel' amandla; naba bantu baya kudinwa yile nto. Kaloku umsebenzi onje awukulingananga uwedwa.

[19] Agora, pois, escuta o conselho que te darei para que Deus esteja contigo: representa o povo diante de Deus, e introduza suas causas junto a Deus.

[20] Ensina-lhes os estatutos e as leis, faze-lhes conhecer o caminho a seguir e as atitudes que devem tomar.

[21] Mas escolhe do meio do povo homens capazes, tementes a Deus, que sejam dignos de confiança e inimigos de ganho desonesto. Estabelece-os como chefes de mil, chefes de cem, chefes de cinquenta e chefes de dez.

[22] Eles julgarão o povo em todo o tempo. Toda causa mais complexa trarão a ti, mas para todas as questões menos difíceis, eles mesmos poderão encontrar a solução. Desse modo será mais leve para ti, pois esses líderes te ajudarão a dividir o trabalho e levar o peso diário da carga.

[23] Se assim fizeres, e se dessa maneira Deus te instruir, poderás então suportar as dificuldades, e todo este povo voltará para suas habitações satisfeito!”

[24] Moisés acatou o conselho de seu sogro, fez tudo como ele havia sugerido.

[25] Selecionou homens capazes de todo o povo: chefes de grupos de mil pessoas, de cem, de cinquenta e de dez.

[26] Esses foram estabelecidos como juízes permanentes do povo. As questões difíceis levavam para Moisés; todas as mais simples, no entanto, eles mesmos resolviam.

[19]Khawuphulaphule ke ndikucebise; ngamana wakunceda ke uThixo. Into ofanelwe kukuyenza kukuzakuzelela abantu kuThixo, use imicimbi yabo kuye.

[20]Wena kufuneka ubafundise imimiselo nomthetho kaThixo, ubacacisele indlela yokuziphatha, nako konke okulindelekileyo kubo.

[21]Ngaphezulu khetha amadoda aziinkokheli ezifanelekileyo, uwamisele phezu kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu, namashumi angamahlanu njalo-njalo. La madoda ke mayibe ngabantu abamthobelayo uThixo, abathembekileyo, abantu abanganyobekiyo.

[22]Wona isigxina sawo mayibe kukuchophela imicimbi yaba bantu. Imicimbi elula makayiphicothe ayilungise ngokwawo, ke yona imicimbi ewaxakayo ayizise kuwe. Ngale ndlela ke nawo aya kuba nenxaxheba kulo msebenzi wakho, akuphungulele umthwalo.

[23]Ukuba wenjenje ke ngokuvuma kukaThixo, awuyi kuqobeka, futhi ke nabantu aba baya kutsho bavisisane.”

[24]Ngenene ke uMosis wenza ngokwecebo likaJetro,

[25]wawakhetha amadoda afanelekileyo kumaSirayeli, wawamisela aziinkokheli phezu kwamaqela ahlulwa-hlulwe angamawaka, amakhulu, namashumi ngamahlanu njalo-njalo.

[26]Wona ke aba ngabalamli abavunyiweyo bokuphicotha imicimbi yamaSirayeli. Yonke imicimbi elula yayisonjululwa

[27] Então Moisés e seu sogro Jetro se despediram, e este retornou à sua terra.

Êxodo 19

Deus fala com Moisés no monte Sinai

[1] No terceiro mês depois da saída das terras do Egito, naquele dia, os filhos de Israel chegaram ao deserto do Sinai.

[2] Após terem saído de Refidim, entraram no deserto do Sinai, e o povo de Israel acampou ali, diante do monte Sinai.

[3] Então Moisés subiu ao monte para encontrar-se com Deus. E do monte Yahweh o chamou e lhe ordenou: “Assim dirás à casa de Jacó e declararás aos filhos de Israel:

[4] ‘Vós mesmos vistes o que Eu fiz aos egípcios, e como vos carreguei sobre asas de águia e vos trouxe a mim.

[5] Agora, se ouvirdes a minha voz e obedecerdes à minha aliança, sereis como meu tesouro pessoal dentre todas as nações, ainda que toda a terra seja minha propriedade.

[6] Vós sereis para mim um reino de sacerdotes e uma nação santa’. Estas são as palavras que dirás aos filhos de Israel”.

[7] Veio Moisés, convocou os líderes anciãos do povo e declarou diante deles todas as palavras que Yahweh lhe havia ordenado.

[8] Então todo o povo afirmou unânime: “Tudo o que Yahweh mandou, nós faremos!” E Moisés declarou diante do SENHOR as palavras de resposta do povo.

ngawo, ithi ke ewaxakayo ayigqithisele kuMosis.

[27]Ke kaloku uMosis wamkhulula uJetro, waphindela kwelakowabo.

Eyemfuduko 19

AmaSirayeli eSinayi

[1-2]Kanye ukuphela kwenyanga yesithathu amaSirayeli aphumayo eJiputa, amaSirayeli anduluka eRefidim, aya kugaleleka kwintlango yeSinayi, emisa phantsi kwentaba iSinayi.

[3]Ke yena uMosis wenyuka intaba, waya kuThixo. UNdikhoyo wambiza wathi: “Thetha namaSirayeli, inzala kaYakobi, uthi:

[4]‘Niyibonile imimangaliso endiyenzileyo mna Ndikhoyo kumaJiputa, nokuba nani ndanisondeza ndanithwala ngokokhozi luthwele amathole alo.

[5]Ngoku ke, ukuba niyandithobela, nenze ngokomnqophiso wam, niya kuba ngabantu bam ncakasana. Kaloku lelam ihlabathi liphela,

[6]kambe ke nina niya kuba ngababingeleli basebhotwe, nibe luhlanga olulodwa.’ Ngawo la ke amazwi omawuwabhekise kumaSirayeli.”

[7]UMosis wehla ke entabeni, wawadibanisa amadoda amakhulu, wawaneka umyalelo kaNdikhoyo phambi kwawo.

[8]Aphendula ke amaSirayeli xa ewonke athi: “Zonke izinto azithethayo uNdikhoyo siya kuzenza.” UMosis wawugqithisa ke umlomo wamaSirayeli kuNdikhoyo.

[9] Disse o SENHOR a Moisés: “Eis que virei a ti na escuridão de uma nuvem, para que o povo ouça quando Eu falar contigo, e para que também confiem sempre em tua sinceridade”. E Moisés relatou ao SENHOR tudo quanto o povo declarara em resposta.

[10] E o SENHOR disse mais a Moisés: “Vai ao povo e orienta-o a consagrar-se hoje e amanhã; lavem as suas vestes,

[11] estejam prontos depois de amanhã, porque depois de amanhã Yahweh descerá aos olhos de todas as pessoas sobre o monte Sinai.

[12] E tu fixarás os limites em torno do monte e instruirás o povo: ‘Cuidai de não subir ao monte, e não toqueis sequer nos seus limites. Todo aquele que tocar no monte será morto.

[13] Ninguém porá a mão sobre ele; será apedrejado ou flechado: quer seja homem quer seja animal, certamente não viverá’. Quando soar prolongadamente o som do shofar, o chifre de carneiro, então poderão subir ao monte livremente!”

[14] Moisés desceu da montanha e foi encontrar-se com o povo; ele fez que o povo cumprisse o ritual de santificação decretado, e todos lavaram suas vestes.

[15] Em seguida, avisou ao povo: “Estai, pois, preparados para depois de amanhã e até lá não vos chegueis a mulher!”

[9]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Ndiza kuza kuwe ndikwilifu elingqingqwa, ukuze ndithethe nawe amaSirayeli ekho, khon' ukuze angaze akuthandabuze.” UMosis waxelela uNdikhoyo akuthethileyo amaSirayeli.

[10]UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Yitsho bonke abantu bazenze nyulu, bacoceke ngokupheleleyo namhlanje nangomso, balungiselele ukunqula. Impahla yabo mabayihlambe

[11]ukuze ngomsomnye babe sebelungile. Ngaloo mini ke ndiya kuhla ndize apha eSinayi, nabantu bebukele.

[12]Jikeleza intaba le, wenze umda ongayi kutsitywa ngamaSirayeli. Ngokunjalo baxelele abantu ukuba mabangasondeli okanye benyuke entabeni apho. Umntu okhe wathi cakatha entabeni apho makabulawe.

[13]Ewe, umntu onjalo makagityiselwe ngamatye, okanye achanwe ngotolo, afe engachukunyiswanga ngasandla. Nesilwanyana esisondeleyo ke masibulawe kwangaloo ndlela. Kuya kuthi ke wakuvakala umntyangampo wokukhala kwexilongo, abantu benyuke beze entabeni.”

[14]UMosis wehla ke entabeni, wabaxelela abantu ukuba mabalungele ukunqula. Ngenene ke bahlamba bacoceka.

[15]Ngaphezu koko ke wabayala ukuba babe sebelungile ngomsomnye; ngelo thuba ke amadoda angahlangani nababhinqileyo.

16 Ao alvorecer do terceiro dia, houve trovões, relâmpagos e uma espessa nuvem sobre a montanha, e um clangor muito forte de trombeta; e todas as pessoas que estavam no acampamento começaram a tremer de medo.

16Ngentsasa yomhla wesithathu ke zavakala izabhokhwe zeendudumo, yabe yona ke imibane itshawuza, kwaza kwabonakala nelifu elingqingqwa apho entabeni. Asisathethi ke ngomtyangampo wexilongo owabetha kwathi nkxwee, kangangokuba abantu bagubha luloyiko esikhululweni.

17 Então Moisés conduziu o povo para fora do acampamento, para encontrar-se com Deus, ao pé da montanha.

17Ke kaloku uMosis waphuma nabo besiya kuThixo, baza ke bema emazantsi entaba.

18 Todo o monte Sinai ficou coberto de densa fumaça, pois Yahweh, o SENHOR, havia descido sobre ele em chamas de fogo. O monte fumegava fortemente como se fosse uma enorme fornalha viva; toda a montanha tremia violentamente,

18Yonke intaba iSinayi yambathiswa sisithokothoko somsi, kuba uNdikhoyo wehlela kuyo engathi ungumlilo. Umsi lowo ke wanyuquza ngathi uphuma eziko, yaza intaba yanyikima ngamandla.

19 e o som do shofar, a trombeta, ia aumentando pouco a pouco. Moisés falava, e a voz de Deus lhe respondia no trovão.

19Kanti ke nesandi sexilongo saya sikhula ngakumbi. Waza wathetha ke uMosis, naye uThixo waphendula ngeendudumo.

20 Yahweh desceu sobre o monte Sinai, no topo da montanha. Então Yahweh convocou Moisés para subir até o topo da montanha, e Moisés subiu.

20Ke kaloku uNdikhoyo wehla wathi ngcu phezu kwencochoyi yentaba iSinayi, wathi kuMosis makenyukele khona naye,

21 Yahweh ordenou a Moisés: 'Desce e adverte o povo que não ultrapasse os limites para tentar chegar mais perto a fim de me ver, para que muitos deles não pereçam.

21waza ke wathuma uMosis, wathi: "Yihla ufike ubayale abantu hleze bawutsibe umda, beze kundibuka, kuba xa beyenzile loo nto luya kufa uninzi lwabo.

22 Mesmo os sacerdotes que se aproximarem de Yahweh devem santificar-se, para que Yahweh não os fira de morte!"

22Nkqu nababingeleli abasondelayo kum mabahlambuluke, hleze ndibatshabalalise."

23 Moisés disse a Yahweh: "O povo não poderá subir ao monte Sinai, porque Tu nos advertiste, dizendo: Delimita a montanha e declara-a sagrada".

23UMosis waphendula wathi: "Kaloku, Mhlekazi, abantu abanako ukunyuka beze entabeni, kuba ubusiyalile wathi intaba masiyahlulule siyijikeleze ngomda, khon' ukuze kungabikho nto isondelayo kuyo."

24 Yahweh respondeu: "Vai, e desce; depois subirás tu e Arão contigo. Os sacerdotes,

24UNdikhoyo wathi kuye: "Hamba uye kuthatha uAron, uze naye apha. Kodwa ke

porém, e o povo não ultrapassem os limites para subir a Yahweh, para que não os fira de morte!”

25 Então Moisés desceu e avisou o povo.

16AmaSirayeli makaluhlonele olu suku, lube ngumqondiso ngokomnqophiso kwizizukulwana ngezizukulwana.

17Lona lungumqondiso ongasoze ujike phakathi kwam namaSirayeli. Kaloku mna Ndikhoyo ndênza izulu nehlabathi liphela ngeentsuku ezintandathu, ndaza ke ndaphumla ngomhla wesixhenxe."

18Akukhov' ukuthetha uThixo noMosis entabeni yeSinayi, wamnikezela amacwecwe amatye amabini, apho uThixo ngenkqu wayeyibhale khona imimiselo.

Eyemfuduko 32

Isithixo esenziwe ngegolide

(Hlaz 9:6-29)

[1] Quando o povo de Israel percebeu que Moisés tardava muito a voltar do alto do monte, juntou-se ao redor de Arão e exigiu-lhe: “Vamos, faze-nos deuses que vão à nossa frente, porque a esse Moisés, a esse homem que nos fez subir da terra do Egito, não sabemos o que lhe aconteceu!”

[1]AmaSirayeli akubona ukuba uMosis akabuyi entabeni, asuka amgungela uAron, athi: “Senzele uthixo oza kusikhokela. Okokwakhe yena laa Mosis wasikhupha eJiputa, asiyazi into emhleleyo.”

[2] Arão consentiu e orientou-os: “Tirai os brincos de ouro das orelhas de vossas mulheres, de vossos filhos e filhas, e trazei-mos!”

[2]UAron wayalela ukuba bathathe amacici ebafazini, koonyana, nasezintombini zabo, beze nawo kuye.

[3] Então todo o povo tirou das orelhas os brincos e os entregaram a Arão.

[3]Bawakhulula ke amacici lawo, beza nawo kuAron.

[4] Este, recebendo-os das suas mãos, os fez fundir em um molde e fabricou com esse ouro derretido uma estátua em forma de bezerro. Então o povo exclamou: “Esta é a figura dos nossos deuses, ó Israel, que vos tiraram da terra do Egito!”

[4]Wawathatha ke, wawanyibilikisa, waza igolide leyo enziwe ngayo wayibumba ngezixhobo zokubumba, wenza inkunzana yenkomo ngayo. AmaSirayeli ke athi: “Sirayeli, nanku uThixo wakho owakukhupha eJiputa!”

[5] Diante dessa manifestação do povo, Arão construiu um altar diante do bezerro de ouro e fez esta proclamação: “Amanhã será um dia de festa dedicada ao SENHOR!”

[5]Akuyibona le nto uAron wakha iqonga lamadini apho phambi kwaloo nkunzana yenkomo, waza wenza isaziso esithi: “Ngomso kobhiyozelwa uNdikhoyo.”

[6] No dia seguinte, todo o povo se levantou bem cedo; ofereceram holocaustos e trouxeram sacrifícios de comunhão. Todas as pessoas assentaram-se para comer e beber e, mais tarde, levantaram-se para se divertir.

[6]Kwangentseni ngomhla olandelayo benza amadini atshiswayo kwanatyiwayo. Ke kaloku abo bantu batya, basela, bahakaza, bada barheletya.

[7] Então Yahweh avisou Moisés: “Vai, desce depressa, porque o teu povo, que ajudaste a subir da terra do Egito, perverteu-se!

[7] UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: “Khawuleza uhle! Aba bantu bakho wabakhupha eJiputa babhatyazile;

[8] Com muita facilidade e rapidez desviaram-se do Caminho que Eu lhes havia ordenado. Fizeram para si um bezerro de metal fundido, e o estão adorando e lhe estão oferecendo louvores e sacrifícios e

[8]sebekhawuleze bawushiya umyalelo endabanika wona. Ngoku bazibumbele inkunzana yenkomo, bayinqula; futhi banikela amadini kuyo. Bathi: ‘MaSirayeli, lo nguThixo wethu owasikhupha eJiputa.’ ”

proclamaram em alta voz: 'Este é o teu Deus, ó Israel, que te fez subir do Egito!'"

9 E Yahweh disse mais a Moisés: "Tenho observado este povo: eis que é um povo de dura cerviz, teimoso.

10 Agora, portanto, deixa-me, para que se inflame contra eles a minha ira e Eu os consuma. Todavia, mais tarde, farei de ti uma grande nação!"

11 Moisés, no entanto, suplicou a Yahweh, seu Deus, e disse: "Por que, ó Yahweh, se acende o teu furor contra o teu povo, que tiraste da terra do Egito por meio de teu braço forte e muitos milagres?

12 Por que os egípcios haveriam de blasfemar contra Ti, exclamando: 'Foi com intenção maligna que Ele os fez sair da terra do Egito, para exterminá-los nos montes e bani-los da face da terra'! Abranda, pois, o furor da tua santa ira e reconsidera o castigo que pretendias impor ao teu povo.

13 Recorda-te dos teus servos Abraão, Isaque e Israel, aos quais juraste por Ti mesmo, dizendo: 'Multiplicarei a vossa descendência como as estrelas do céu e, toda a terra que vos prometi, dá-la-ei a vossos filhos para que a possuam para sempre'.

14 E sucedeu que o SENHOR arrependeu-se do castigo que ameaçara impingir àquele povo.

15 Então Moisés desceu do monte, trazendo nas mãos as duas placas de pedra com os mandamentos escritos por Deus nos dois lados de cada pedra.

9UNdikhoyo waqhuba wathi: "Ngoku ndiyabaqonda aba bantu inkani yabo – nqwa neyesele!

10Ngoko ke wena ndiyeke, kuba ndiza kubacim' igama, wena ndikwenze ube sisizwe esikhulu."

11Kambe ke uMosis watarhuzisa kuNdikhoyo uThixo wakhe, wathi: "Awu, Mhlekazi, ungathini kaloku ukusuka ulwe kanjalo nabantu bakho owabahlangula wabakhulula ngobungaka bona ubungangamsha kwelaseJiputa?

12Xa kunjalo amaJiputa angatsho ngakhona athi: 'UThixo wamaSirayeli wawakhupha eJiputa eneenjongo zokuwatshabalalisela ezintabeni, awatshayele angabikho ehlabathini.' Awu, ndiyakubongoza, Mhlekazi, lala ngenxeba, uxole, ungabi sabahlisela le ntlekele abantu bakho.

13Khawukhumbule izicaka zakho, uAbraham, uIsake, noSirayeli. Kaloku wazifunga kwawena siqu, usithi: 'Inzala yenu ndiya kuyandisa, ibe ninzi njengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni. Eli lizwe ndinithembise ngalo liya kuba lilifa lezizukulwana zenu ngonaphakade.' "

14Ngenene ke uNdikhoyo wabuya nganeno kuloo ntlekele wayethe uza kubahlisela yona abantu bakhe.

15UMosis ke wehla apho entabeni, ewaphethe loo macwecwe mabini amatye abhalwe ubungqina bomnqophiso macal' omabini.

[16] Essas Tábuas da Lei eram obras do dedo de Deus, e a escritura era obra de Deus, gravada sobre placas de pedra.

[17] Então Josué, ouvindo o alarido e os gritos que vinham do povo, disse a Moisés: "Há um barulho de guerra no acampamento!"

[18] Ao que lhe respondeu Moisés: "Não é canto de vitória, nem lamento de derrota; todavia ouço o som de canções!"

Moisés quebra as tábuas do Testemunho

[19] Quando Moisés aproximou-se do acampamento, no sopé da montanha, e viu aquela estátua em forma de bezerro e as danças, irou-se profundamente e espatifou as tábuas de pedra no chão.

[20] Dirigiu-se à figura do bezerro que o povo havia confeccionado e destruiu-a no fogo. Em seguida, triturou-a até reduzi-la a pó miúdo, que espalhou na água, a qual fez todos os filhos de Israel beberem.

[21] Então Moisés questionou Arão: "Que exigências te fez este povo, que te impelisse a tão horrível pecado?"

[22] Respondeu Arão: "Ó, meu senhor, não te enfureças ainda mais; tu bem sabes o quanto este povo é inclinado à prática do mal.

[23] Eles me acossaram alegando: 'Faze-nos deuses que marchem à nossa frente, porque a esse Moisés, o homem que nos fez subir da terra do Egito, não sabemos o que lhe aconteceu'.

[24] Então lhes disse: 'Quem tiver ouro, tire-o'. Eles o deram a mim; lancei-o no fogo e saiu esse bezerro!"

Moisés manda matar os idólatras

[16]La macwecwe ke ayengumsebenzi kaThixo ncakasana, nombhalo lowo wawukrolwe nguye ngenkqu.

[17]Akuyiva ingxolo yabantu bekhwaza, uYoshuwa wabhekisa kuMosis wathi: "Ndiva intsholo esikhululweni ngathi lifile."

[18]UMosis waphendula wathi: "Kum le ntsholo ingathi asiyiyo eyoloyiso, okanye ukoyiswa; ivakala ngathi yeyeziyolo nje."

[19]Uthe ke uMosis akuba kufuphi, ebone loo nkunzi yenkomo, ngokunjalo nabantu beduda bexhentsa, suka wasisifu ngumsindo. Apho kanye phantsi kwentaba wasuka wawalahla phantsi loo macwecwe wayewaphethe, aphuka.

[20]Wayithatha loo nkunzi babeyibumbile, wayiphosa emlilweni, waza wayicola yangumgubo, wawugalela emanzini aselwa ngamaSirayeli.

[21]UMosis wabuza kuAron wathi: "Aba bantu bakwenze ntoni na ukuze ubafake kwesinje sona isono?"

[22]UAron waphendula wathi: "Ungakhathazeki, mntakwethu; kaloku nawe uyabazi aba bantu ukuba baqinel' enyaleni ngesono.

[23]Basuka bathi kum: 'Senzele uThixo oza kusikhokela, kuba asiyazi into emhleleyo laa Mosis osikhuphe eJiputa.'

[24]Ndithe ke kubo: 'Ndinikeni izinto zegolide eninazo,' baza ke benjenjalo. Ndasuka ke ndaziphosa emlilweni, kwee gqi le nkunzi."

[25] Moisés viu que o povo estava desenfreado, porque Arão os havia abandonado à vergonha no meio dos seus inimigos.

[25]UMosis ke waqonda ukuba uAron uvule zabhuqa, baza abantu benza unothanda, bazenza intlekisa nasezintshabeni.

[26] Moisés ficou de pé no meio do acampamento e exclamou: “Quem for de Yahweh venha até mim!” Todos os filhos de Levi reuniram-se em torno dele.

[26]Ngoko ke wasuka wema esangweni, wathi: “Bonke abangakuNdikhoyo mabaphume ngapha!” Ke kaloku kwaphuma yonke indlu kaLevi,

[27] Então ele proclamou: “Assim diz o SENHOR, Yahweh, o Deus de Israel: ‘Agarre cada um de vós sua própria espada, percorra o acampamento todo, de tenda em tenda, e mate seu irmão, seu parente, seu amigo e seu vizinho!’”

[27]waza wathi kubo: “Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Umntu ngamnye kuni makathathe ikrele, aqale kweli sango, aye kuphuma kweliya lingaphaya, ebinza elalis' ugodo, kumtakwabo, isihlobo, ngokunjalo nommelwane wakhe.’ ”

[28] Os filhos de Levi fizeram tudo segundo a palavra de ordem proferida por Moisés, e naquele dia morreram mais de três mil homens do povo.

[28]AbaLevi abo ke benza ngokwaloo myalelo, baza ke babulala amawaka amathathu amadoda ngaloo mini.

[29] Moisés então declarou aos levitas: “Hoje passastes pela prova de matar os vossos próprios filhos e irmãos e, dessa maneira, vos consagrastes como sacerdotes ao serviço de Yahweh, o SENHOR. E, porque vos submetestes a isso, Deus vos deu neste dia uma grande bênção!”

[29]UMosis ke wathi kubaLevi: “Niyabona ke, namhlanje, ngokubulala abantakwenu noonyana benu, niye naba ngababingeleli bokubusa uNdikhoyo. Ngoko ke uNdikhoyo unithamsanqele.”

Moisés intercede pelo povo

[30] No dia seguinte, Moisés avisou ao povo: “Vós cometestes uma falta muito grave. Contudo, vou subir a Yahweh e buscar uma expiação para o vosso pecado!”

[30]Ngengomso ke uMosis wathi ebantwini: “Nenze isono esilumezayo. Naxa kunjalo ndiza kuphinda ndiye entabeni kuNdikhoyo, ukuze ndenze isingxengxezo ngenxa yesono senu.”

[31] Retornou, pois, Moisés à presença de Yahweh e confessou: “Este povo cometeu um pecado horrível ao confeccionar um deus de ouro.

[31]UMosis waya kuNdikhoyo, wafika wathi: “Aba bantu benze isono esilumezayo. Basuke bazibumbela isithixo ngegolide, basinqula.

[32] Agora, portanto, eu rogo a tua misericórdia para que lhe perdoes o pecado; caso contrário, risca-me, rogo-te, do teu livro sagrado que escreveste!”

[33] Então respondeu o SENHOR a Moisés: “Sim! De fato riscarei do meu livro todo aquele que pecar contra mim.

[34] Vai, pois, agora, e conduze o povo para onde Eu te orientei. Eis que o meu Anjo irá adiante de ti. Entretanto, quando chegar o momento de punir o povo, eu os punirei severamente pelos pecados cometidos!”

[35] E assim Yahweh castigou os israelitas com uma doença avassaladora, porquanto exigiram que Arão lhes fizesse um bezerro de ouro a que cultuaram.

Êxodo 33

Deus não irá no meio do povo mas enviará um anjo

[1] Yahweh orientou Moisés: “Vai, sobe deste lugar, tu e o povo que tiraste do Egito, e ide para a terra que prometi com juramento a Abraão, Isaque e Jacó, afirmando: ‘Eu a darei à tua descendência!’

[2] Enviarei adiante de ti um Anjo e expulsarei os cananeus, os amorreus, os hititas, os ferezeus, os heveus e os jebuseus.

[3] Sobe para uma terra que mana leite e mel. Eu, contudo, não subirei no meio de ti, porquanto és povo insubordinável, de dura cerviz; e, caso seguisse convosco, Eu vos poderia exterminar ao longo do caminho!”

[32]Ngoku ke ndiyakubongoza, baxolele; ukuba akunakuba njalo wosewulicima igama lam encwadini yakho oyibhalileyo. ”

[33]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Abantu abamagama ndiwacimayo encwadini yam, ngabo bandonileyo bodwa.

[34]Ngoko ke hamba, ukhokele aba bantu, ubase kulaa ndawo ndandithethe ngayo kuwe. Ke sona isithunywa sam siya kukukhokela. Kambe ke lakufika ixesha ndiya kubohlwaya aba bantu ngenxa yesi sono.”

[35]Ke kaloku uNdikhoyo wawabetha ngobhubhani wesifo amaSirayeli ngenxa yokuba amnyanzelayo uAron ukuba awenzele inkunzi yenkomo yegolide.

Eyemfuduko 33

Ukunduluka eSinayi

[1] UNdikhoyo wathi kuMosis: “Hamba apha, wena nabo bonke abantu owabakhokelayo waphuma nabo eJiputa, usingise kwilizwe endabathembisa lona ngesifungo uAbraham, uIsake, noYakobi,ndisithi: ‘Loba lelezizukulwana zenu.’

[2]Ndiya kuthumela isithunywa sinikhaphe, siwagxothe amaKanana, ama-Amori, amaHiti, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

[3]Hambani niye kwelo lizwe lendyebo nentlutha. Kambe ke mna andizukuhamba nani, hleze ndisuke ndinitshabalalise ningekafiki, kuba niluhlanga oluneenkani.”

[4] Assim que o povo ficou sabendo dessas duras palavras, pôs-se a prantear desesperadamente, e nenhum deles vestiu seus enfeites costumeiros.

[4]Athe ke amaSirayeli akuziva ezi ndaba zibuhlungu, asuka azila, azikhulula iintsimbi awayehomba ngazo.

[5] Entretanto Yahweh reiterou a Moisés: “Dize aos filhos de Israel: sois um povo renitente, de dura cerviz; se por mais um momento subisse em vosso meio, é certo que Eu teria de vos destruir. Agora, pois, retirai os vossos enfeites, e Eu decidirei o que haverei de fazer convosco!”

[5]Kaloku uNdikhoyo wayethe kuMosis: “Xelela amaSirayeli: ‘Niluhlanga oluneenkani, ngoko ke andizukuhamba nani, kuba xa bendinokuhamba nani nomzuzwana lo, bendiya kusuka ndinitshabalalise. Zikhululeni iintsimbi zesihombiso; ndisaza kuyibona into endiza kunenza yona.’ ”

[6] Por esse motivo, desde sua saída do monte Horebe os filhos de Israel deixaram de usar suas tradicionais joias e enfeites.

[6]Ngoko ke amaSirayeli azikhulula iintsimbi nezinye izihombiso zawo ukunduluka kwawo kwintaba iHorebhe.

[7] Ora, Moisés costumava montar uma tenda do lado de fora do acampamento e a chamava de Tenda do Encontro. Todas as pessoas que tinham uma questão para formular a Yahweh dirigiam-se à Tenda do Encontro, que ficava armada fora do acampamento.

Intente yokuhlangana

[7]Ke kaloku kolu hambo lwawo amaSirayeli ayesithi apho emise khona, uMosis agxumeke iintente, emise enye intente mganyana nje nendawo leyo bahlala kuyo. Le ke yayiyintente yokuhlangana; nabani na owayefuna ukuva kuNdikhoyo wayesiya kuyo.

[8] Quando Moisés caminhava na direção da Tenda, todo o povo se levantava; cada um permanecia em pé, na entrada da sua própria tenda, e apenas seguiam Moisés com o olhar, até que entrasse na Tenda.

[8]Wayesithi uMosis xa esiya ententeni yokuhlangana amaSirayeli wona eme emnyango ezintenteni zawo, ambukele ade aye kungena.

[9] E acontecia que quando Moisés entrava na Tenda, baixava uma coluna de nuvem, parava à entrada da Tenda, e o SENHOR falava com Moisés.

[9]Wayesithi nje ukuba angene uMosis, umqulu welifu uhle ufike uhlale emnyango ententeni apho, aze ke yena uNdikhoyo athethe noMosis.

[10] Sempre que o povo observava a coluna de nuvem parada à entrada da Tenda, todos se ajoelhavam em frente à entrada de suas próprias tendas, e curvavam-se com o rosto

[10]AmaSirayeli ayesithi akuwubona umqulu welifu usemnyango apho ententeni yokuhlangana, asuke ee guqaqa anqule.

rente à terra, em sinal de respeito e adoração ao SENHOR.

[11] Então Yahweh, o SENHOR, falava com Moisés face a face, como quem conversa com seu amigo. Depois Moisés retornava ao acampamento; contudo, o jovem Iehoshúa bin Nun, Josué, filho de Num, que servia a Moisés como seu auxiliar, não se ausentava de dentro da Tenda.

[11]Ke yena uNdikhoyo wayeye athethe noMosis ubuso ngobuso, njengaye nabani na othetha nomhlobo wakhe. UMosis ke wayesithi akugqiba agoduke, kodwa yena uYoshuwa umfana olihlakani lakhe, unyana kaNune, wayesala apho ententeni yokuhlangana.

Moisés roga a Deus a sua presença

Isithembiso sikaNdikhoyo

[12] Moisés argumentou diante de Yahweh: "Tu me disseste: 'Faze subir este povo', mas não me revelaste quem mandarás comigo. Contudo disseste: 'Conheço-te pelo nome, e encontraste graça aos meus olhos'.

[12]UMosis wathetha noNdikhoyo, wathi: "Kaloku undiyalele ukuba ndikhokele aba bantu, ndibase kwelo lizwe, kodwa akutshongo ukuba kolu hambo ndokhatshwa ngubani na. Ewe, utshilo nokuthi: 'Ndikwazi ngokupheleleyo; kwaye futhi ndikholisekile nguwe.'

[13] Agora, portanto, se me vês com agrado, mostra-me o teu caminho, a fim de que eu te conheça ainda mais e continue sendo agraciado com tua misericórdia. Lembra-te de que esta nação é o teu povo!"

[13]Ngoko ke, xa kunjalo, ndazise intando yakho, ukuze ndikwazi, ndihlale ndikholisekile kuwe. Kwakhona khumbula ukuba olu hlanga ngabantu bakho ncakasana."

[14] Ao que Yahweh lhe respondeu: "Eu, pessoalmente, irei e te darei descanso!"

[14]UNdikhoyo waphendula wathi: "Hayi kaloku, ndiza kuhamba nani ngenkqu, ndinithi jize ngokuphumla."

[15] Replicou Moisés: "Se não vieres Tu mesmo, não nos faças sair daqui.

[15]Ke yena uMosis waleka ngelithi: "Ukuba akuhambi nathi, sukuba sasindulula simke apha.

[16] Como se saberá que eu e o teu povo poderemos contar com o teu benefício, se não nos acompanhares? Quem mais poderia distinguir-me e a teu povo de todos os demais povos sobre a face da terra?

[16]Xa ungahambi nathi kuya kwaziwa njani ukuba ukholisekile ndim naba bantu? Kanti ke xa ukho phakathi kwethu, siya kutsho sahluke kulo lonke uluntu."

[17] Então Yahweh declarou a Moisés: "Farei ainda o que me pede, porquanto verdadeiramente tenho me agradado de ti e conheço-te pelo nome!"

[17]UNdikhoyo wathi: "Ndiza kwenza kanye ngokwesicelo sakho, kuba kaloku ndikholisekile nguwe, futhi ke ndikwazi kakuhle."

Moisés roga a Deus que lhe mostre a sua glória

[18] Moisés então suplicou a Yahweh: "Rogo-te que me reveles a tua Glória!"

[19] E o SENHOR orientou-o: "Farei passar diante de ti toda a minha benevolência, e diante de ti proclamarei o meu Nome – Yahweh, o SENHOR. Terei misericórdia de quem Eu decidir ter misericórdia, e terei compaixão de quem Eu desejar ter compaixão!"

[20] acrescentou: "Não poderás ver a minha face, porque o ser humano não pode ver-me e permanecer vivo!"

[21] E concluiu o SENHOR: "Eis aqui um bom lugar junto a mim; põe-te sobre a rocha.

[22] Quando passar a minha Glória, Eu te colocarei em uma fenda da rocha e te cobrirei com a palma da mão até que Eu tenha passado.

[23] Depois tirarei a palma da mão e me verás pelas costas. Minha face, todavia, não se poderá ver!"

Êxodo 34

As novas tábuas dos dez mandamentos

[1] Então Yahweh solicita a Moisés: "Corta duas placas de pedra semelhantes às primeiras, sobe a mim na montanha, e Eu escreverei as mesmas palavras que escrevi nas primeiras Tábuas, que quebraste.

[2] Fica preparado de manhã; ao romper da aurora subirás o monte Sinai e lá me aguardarás, no alto do monte.

[3] Ninguém poderá te acompanhar nessa jornada nem poderá alguém ficar em lugar algum do monte. Nem mesmo as ovelhas e bois poderão pastar diante da montanha!"

[18]UMosis waphinda wenza isicelo, wathi kuNdikhoyo: "Ke ngoku khawundivelele ngobuqaqawuli bakho."

[19]UNdikhoyo wathi: "Ndiza kukubonisa isidima sam njengoko sinjalo, futhi ndilikhankanye igama lam ezindlebeni zakho, mna Ndikhoyo. Kaloku ndiya kuba nenceba kwabo ndinenceba kubo, ndibe novelwano kwabo ndinovelwano kubo.

[20]Andizukukubonisa ubuso bam; kaloku akukho mntu unokububona aphinde aphile.

[21]Kambe ke nantsi indawo ecaleni kwam apho ungema khona phezu kweliwa.

[22]Ndiya kuthi ke xa ndidlula khona ngobuqaqawuli bam, ndikufihle emfanteni yeliwa, ndize ndikugqume ngesandla ndide ndidlule.

[23]Ndakuba ndidlule ke, ndiya kusisusa isandla, ukuze ube nokundibona ndifulathele, hayi ebusweni."

Eyemfuduko 34

Ukuhlaziywa komnqophiso

(Mfud 23:14-19; Hlaz 7:1-5; 10:1-5; 16:1-17)

[1] UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: "Qingqa amanye amacwecwe amatye amabini afana nalawa okuqala, ukuze mna ndiwabhale kuwo amazwi awayebhalwe kulawa wawaphulayo.

[2]Ngomso kusasa uze unyuke intaba iSinayi, apho uya kundibona nam khona.

[3]Makungabikho mntu uhamba nawe okanye usondelayo nakuliphi na icala lentaba; nditsho kwaiigusha neenkomo mazingasondeli entabeni."

[4] Em seguida Moisés cortou duas placas de pedra como as primeiras, levantou-se de madrugada e subiu ao monte Sinai, como Yahweh lhe havia orientado, e levou nas mãos as duas placas de pedra.

[5] Então o SENHOR desceu na nuvem, permaneceu ali com Moisés e proclamou o seu Nome: Yahweh.

[6] E, como prometera, passou diante de Moisés proclamando: "Yahweh, Yahweh, Deus compassivo e misericordioso, longânimo, cheio de amor paciente e fiel;

[7] que persevera em seu amor dedicado a milhares, e perdoa a malignidade, a rebelião e o pecado.

[8] Naquele mesmo instante, Moisés caiu de joelhos e curvou-se com seu rosto rente ao chão e adorou a Deus.

[9] Em seguida suplicou: "Yahweh! Se agora encontrei graça diante dos teus olhos, eu te rogo que caminhes conosco, ainda que este povo seja teimoso e insubmisso! Perdoa a nossa maldade e o nosso pecado e faze de nós a tua herança!"

Deus faz um pacto

[10] Então disse Yahweh, o SENHOR: "Eis que estabeleço uma aliança contigo! Farei diante de todo o teu povo maravilhas tão extraordinárias como não se fizeram em toda a terra, nem em nação alguma! Todo esse povo, no meio do qual estás, verá a obra de Yahweh, porque obra tremenda é a que Eu farei contigo.

[4]UMosis ke wawaqingqa amacwecwe amabini amatye, waza ngengomso kusasa wenyuka nawo entabeni iSinayi ngokokutsho kukaNdikhoyo, ewaphethe ngezandla.

[5]Ke kaloku uNdikhoyo wehla ngelifu, waza wema noMosis apho entabeni, walikhankanya igama lakhe – uNdikhoyo.

[6]Waza ke wadlula phambi kwakhe, wandula wathi: "UNdikhoyo nguThixo onemfesane nesisa, oza kade umsindo, ophuphuma izibele nokunyaniseka.

[7]Ukunyaniseka kwakhe akujiki nakwizizukulwana ngezizukulwana; abakhohlakeleyo nabanxaxhayo nabonayo uyabaxolela. Kambe ke abanetyala ubohlwaya ade ohlwaye nesizukulwana sabo, aye kufikelela kwesesithathu nakwesesine ngenxa yeziphoso zooyise."

[8]UMosis wasuka wee guqaqa wakhahlela;

[9]wambongoza wathi: "Ukuba ngenene ukholisekile ndim, Mhlekazi, sikhaphe. Nakuba siluhlanga oluneenkani nje, buxolele ubugwenxa nesono sethu, samkele sibe lilifa lakho."

[10]UNdikhoyo wathi kuMosis: "Ngoku ke ndenza umnqophiso nani. Ndiya kwenza imimangaliso engazange yenziwe ehlabathini liphela, ngokunjalo nakwizizwe zalo. Kaloku mna Ndikhoyo ndiza kwenza into erhwaqelisayo phakathi kwenu.

[11] Fica, pois, atento, para que obedeças a tudo quanto hoje te ordeno! Expulsarei de diante de ti os amorreus, os heveus e os jebuseus.

[11]Yithobeleni imithetho endininika yona namhlanje. Xa ningenayo ndiya kuwagxotha ama-Amori, amaKanana, amaHiti, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

[12] Abstém-te de fazer aliança com os moradores da terra para onde vais; para que não te sejam uma cilada.

[12]Ningakhe nilinge nenze izivumelwano naba bantu ningena emhlabeni wabo, kuba ngokwenjenjalo ningazifaka esigwini.

[13] Ao contrário, derrubareis seus altares, quebrareis suas colunas e seus postes sagrados:

[13]Ndaweni yaloo nto wadilizeni amaqonga abo amadini, niyifohloze imifanekiso yabo; ke sona isithixo sabo uAshera ze nisityoboze.

[14] Jamais adorarás nenhum outro deus, porquanto Yahweh, o SENHOR, cujo Nome é Zeloso, é de fato Deus, e Deus zeloso!

[14]"Ningaze ninqule thixo wumbi, kuba mna Ndikhoyo ndinguSobukhwele; ndinguThixo onekhwele.

[15] Não façais, portanto, aliança com os moradores da terra. Não suceda que, em prostituindo-se com os deuses deles e sacrificando-lhes, alguém te convide e comas dos seus sacrifícios,

[15]Sanukwenza zivumelwano nabantu belo lizwe; kuba hleze bathi, xa benqula besenzela izithixo zabo amadini amanyumnyezi, banimeme nani, nilukuhleke, nitye loo madini azo.

[16] e escolhas esposas para teus filhos dentre as filhas deles. Quando elas se prostituírem, seguindo os seus deuses, poderão levar seus filhos a se prostituírem também.

[16]Nani ningasuka nibathathele oonyana benu abafazi kwezo ntombi zabo, zithi ke ngaloo ndlela zibahende banqule izithixo.

[17] Não farás para ti deuses de metal fundido.

[17]"Ningaze niziqingqele izithixo.

[18] Guardarás a festa de Matsót, pães sem fermento. Durante sete dias comerás pães asmos, sem fermento, como te ordenei, no tempo certo, no mês de Abibe, porque foi nesse mês de Abibe que saíste do Egito.

[18]"Ningaze niyeke ukwenza itheko lesonka sentlama engenagwele. Yenzani njengoko ndaniyalelayo, nitye isonka esinganyuswanga iintsuku zibe sixhenxe kwinyanga ka-Abhibhi. Kaloku leyo yinyanga enaphuma ngayo eJiputa.

[19] O primeiro que nascer de cada ventre me pertence, todos os machos dentre as primeiras crias dos rebanhos: bezerros, cordeiros e cabritos.

[19]"Unyana wamazibulo ngokunjalo neduna lemfuyo lamazibulo lelam.

[20] Resgatarás, com o pagamento da oferta de um cordeiro, cada primeiro filhote de

[20]"Ke lona iduna lamazibulo ledonki nolihlawulela ngedini letakane. Kungenjalo

jumento que nascer; porém, se não quiseres pagar o preço determinado por seu resgate, tu lhe quebrarás a região da nuca. Resgatarás, por meio do pagamento de oferta, todos os primogênitos dos teus filhos. Ninguém compareça perante minha presença de mãos vazias!

ke niya kulaphula ilungu lentamo. Wonke unyana wamazibulo makahlawulelwe. "Akukho mntu makeze kum engaphathanga mnikelo.

21 Trabalharás durante seis dias; contudo, descansa no sétimo dia; tanto na época de arar como na colheita.

21"Iintsuku ezintandathu evekini zezokwenza wonke umsebenzi wenu. Kodwa ke ngosuku lwesixhenxe ze niphumle; nditsho nkqu nangamaxesha okulima nokuvuna.

22 Guardarás a festa das Semanas: as primícias da colheita do trigo e a festa do encerramento da colheita, no fim do ano.

22"Xa nivuna ingqolowa yenzani itheko lolibo; kanti ke ningalityesheli netheko lesivuno ngexesha lokuvuna iziqhamo.

23 Três vezes por ano todos os homens do teu povo comparecerão diante de Yahweh, o Soberano, Deus de Israel.

23"Onke amadoda makeze kunqula mna Ndikhoyo Thixo kaSirayeli kathathu ngonyaka.

24 Porquanto expulsarei as nações da tua presença, e alargarei o teu território. Quando, pois, subires três vezes por ano para apresentar-te diante do SENHOR, o teu Deus, ninguém tentará conquistar tua terra.

24Ndiya kuzigxotha izizwe phambi kwenu, itsho inabe imida yenu, kungabikho namntu uya kuzama ukulihlutha elo lizwe kuni xa nisiya kundinqula mna Ndikhoyo Thixo wenu ngazo zozithathu ezi zihlandlo enyakeni.

25 Não oferecerás o sangue de nenhum sacrifício misturado com algo fermentado, e não abandonarás sobra alguma do sacrifício da festa de Pessach, Páscoa, da noite para a manhã seguinte.

25"Xa nindenzela idini ze ningasisebenzisi isonka sentlama enegwele. Ngexesha letheko lePasika inyama yedini ize ingabekwa mbeko.

26 Trarás o melhor das primícias para a Casa de Yahweh, teu Deus. Não cozerás o cabrito no leite da própria mãe".

26"Minyaka le zisani ulibo lwesivuno endlwini kaNdikhoyo. "Ningaze nilipheke ngobisi lukanina itakane lebhokhwe."

27 Disse ainda Yahweh a Moisés: "Escreve essas palavras; porquanto é de acordo com o teor dessas palavras que estabeleço aliança contigo e com Israel!"

27UNdikhoyo wayalela uMosis wathi: "Wabhale la mazwi. Kaloku umnqophiso wam nani uxhomekeke kuwo."

[28] Moisés ficou ali com o SENHOR quarenta dias e quarenta noites, sem comer pão e sem beber água. E escreveu sobre as Tábuas de pedra as palavras da aliança: os Dez Mandamentos.

O rosto de Moisés resplandece

[29] Quando Moisés desceu do monte Sinai com as duas Tábuas da Aliança nas mãos, não fazia ideia de que seu rosto fulgurava pelo fato de ter falado com Deus.

[30] No entanto, quando Arão e todos os israelitas observaram que o rosto de Moisés brilhava de forma tão resplandecente, tiveram pavor de chegar perto dele.

[31] Moisés, porém, os convocou; Arão e os líderes da comunidade se dirigiram até ele, e Moisés lhes falou.

[32] Depois aproximaram-se todos os filhos de Israel, e transmitiu-lhes todos os mandamentos que Yahweh lhe tinha ordenado no alto do monte Sinai.

[33] Assim que terminou de lhes falar, cobriu o rosto com um véu.

[34] Quando Moisés entrava diante de Yahweh para falar com Ele, retirava o véu, até o momento de sair. Todas as vezes que saía e compartilhava com todos os israelitas tudo o que havia sido ordenado,

[35] eles viam que seu rosto brilhava esplendorosamente. Então, de novo Moisés cobria o rosto com o véu até o próximo momento de entrar e conversar com o SENHOR.

Êxodo 35

O sábado e as ofertas para o tabernáculo

[28]Ke kaloku uMosis wahlala apho iintsuku ezingamashumi amane engatyi engaseli. Amazwi omnqophiso wawabhala apho emacwecweni, oko kukuthi imithetho elishumi.

Ukubuya kukaMosis eSinayi

[29]Ukubuya kwakhe entabeni uMosis ephethe loo mithetho ilishumi, ubuso bakhe babukhazimla, kuba ethethe noNdikhoyo; kambe ke yena wayengayiqondi loo nto.

[30]UAron namaSirayeli onke babubona ukuba ubuso bakhe buyakhazimla, batsho boyika ukusondela kuye.

[31]Kodwa uMosis wababiza, waza uAron nazo zonke iinkokheli zamaSirayeli beza kuye, waza wathetha nabo.

[32]Kamva ke onke amaSirayeli aqokelelana kuMosis, waza ke wawaxelela yonke imiyalelo ayinikwe nguNdikhoyo entabeni iSinayi.

[33]Wathi ke akugqiba ukuthetha nabo uMosis, wabufaka isigqubuthelo ubuso bakhe.

[34]Wayesithi xa eza kuthetha noNdikhoyo asisuse isigqubuthelo. Ekubuyeni kwakhe ke wayewaxelela konke akuyalelwe nguNdikhoyo amaSirayeli.

[35]Wona ke ayebubona ukuba ubuso bakhe buyakhazimla. Kambe ke wayeye afake isigqubuthelo, ade aphinde kwakhona aye kuthetha noNdikhoyo.

Eyemfuduko 35

Imithetho mayela noMhla wokuPhumla

[1] Moisés reuniu toda a comunidade dos filhos de Israel e anunciou-lhes: “Eis o que Yahweh vos mandou fazer:
[2] Durante seis dias será feito todo o trabalho, mas o sétimo dia será para vós um dia santo, um dia de repouso completo consagrado ao SENHOR. Todo aquele que trabalhar nesse dia será punido com a morte.
[3] No dia do shabbāth, sábado, não acendereis fogo em nenhuma de vossas casas!”

[1]UMosis waliqokelela lonke ibandla lamaSirayeli, wathi: “Nantsi imiyalelo kaNdikhoyo:
[2]iintsuku zokusebenza imisebenzi yenu zintandathu evekini, kodwa lona usuku lwesixhenxe ngumhla owodwa okhethekileyo; ngumhla kaNdikhoyo, umhla wokuphumla. Nabani na ke owenza nawuphi na umsebenzi ngawo wobulawa.
[3]Ngawo akunakubaswa nomlilo lo emizini yenu.”

Iminikelo yesibingelelo
(Mfud 25:1-9)

[4] E Moisés continuou a transmitir para toda a comunidade dos filhos de Israel o que ouvira do SENHOR: “Eis que Yahweh ordenou:
[5] ‘Fazei entre vós uma coleta para o SENHOR. Todo aquele que tiver um coração generoso leve ao SENHOR, como oferta: ouro, prata, bronze,
[6] fios azul-celeste, púrpura-escarlate, carmesins, linho fino, pelo de cabra,
[7] peles de carneiro tingidas de vermelho e couro fino, madeira de acácia,
[8] óleo para iluminação; especiarias para o bálsamo de unção e o incenso aromático;
[9] pedras de ônix e outras pedras preciosas para serem encravadas no colete sacerdotal e no peitoral.

[4]UMosis waliyalela lonke ibandla lamaSirayeli, wathi: “ UNdikhoyo uthi
[5]wonke umntu oziva elangazelela ukunikela kuye makathathe kwinto anayo: igolide, isiliva, ubhedu,
[6]nelaphu elihle, elizuba, elimsobo, nelibomvu, nelaphu loboya bebhokhwe,
[7]nofele lwenkunzi yegusha olubomvu, nesikhumba esisukiweyo; nomngampunzi,
[8]neoyile yezibane, nobulawu bokuqhola ioyile nokuqhola isiqhumiso sitsho sibe nevumba elimnandi;
[9]amatye ekarneli namanye amatye exabiso okuhombisa isidanga nesikhuselo-sifuba sombingeleli omkhulu.”

Izinto zokwakha isibingelelo
(Mfud 39:32-43)

[10] Todos os que forem habilidosos entre vós venham executar tudo quanto Yahweh ordenou:

[10]Waqhuba uMosis wathi: “Onke amagcisa omsebenzi wezandla akhoyo phakathi kwenu makeze azokwenza isibingelelo nezinto ayalele ukuba zenziwe uNdikhoyo:

[11] o Tabernáculo com sua tenda e sua cobertura, seus ganchos, suas armações em tábuas de madeira de acácia, suas vergas, suas colunas e bases;
[12] a arca com suas varas para o transporte; o propiciatório, a tampa e o véu que a protege;
[13] a mesa também com seus varais, e todos os seus utensílios, e os pães da Presença;
[14] o candelabro da iluminação com seus acessórios, suas lâmpadas e o azeite para a iluminação;
[15] o altar do incenso com seus varais, o óleo da unção, o incenso especial aromático; a cortina divisória à entrada do Tabernáculo;
[16] o altar de holocaustos com sua grelha de bronze, suas varas para transporte e todos os seus utensílios; a bacia de bronze e sua base;
[17] as cortinas externas do átrio, que é o pátio, com suas colunas e bases, e a cortina da entrada;
[18] as estacas do Tabernáculo e do átrio, com suas cordas;
[19] as vestimentas litúrgicas para ministrar no Lugar Santo, tanto as vestes sagradas de Arão, o sacerdote, como as vestes de seus filhos, para quando oficiarem como sacerdotes.

A prontidão do povo em trazer ofertas

[20] Então toda a comunidade dos filhos de Israel retirou-se da presença de Moisés,
[21] e todos que estavam dispostos, cujo coração generosamente os motivou a doar, trouxeram uma oferta ao SENHOR, para a obra da Tenda do Encontro, para todos os

[11]intente kunye nesigqubuthelo sayo, amahaki, uphahla lwentente, izakhelo, imiqadi, kunye neziseko;
[12]ityesi yomnqophiso, inemiqobo yokuyiphatha, nesivalo, kunye nomkhusane;
[13]itafile, inemiqobo namasolotya ayo, kunye nesonka esingumnikelo kuThixo;
[14]isibane nobuxhaka-xhaka baso, neoyile;
[15]iqonga lesiqhumiso nemiqobo yokuliphatha, amafutha okuthambisa, isiqhumiso esivumba limnandi, umkhusane wesango lesibingelelo;
[16]iqonga lamadini linxityelelwe isisefu esenziwe ngobhedu, imiqobo yalo nako konke okwalo; isitya sokuhlambela nesiseko saso;
[17]umkhusane wenkundla neentsika neziseko zayo; umkhusane wesango lenkundla;
[18]izikhonkwane neentsontela zomphakathi ngokunjalo nenkundla;
[19]kunye nezo zivatho zingayiwayo zinxitywa ngababingeleli xa bebusa kwigumbi elingcwele, ngokunjalo nezivatho ezizodwa zika-Aron kunye noonyana bakhe."

Abantu bezisa iminikelo

[20]Ke kaloku lonke ibandla lamaSirayeli lamshiya uMosis,
[21]waza uwonke-wonke kulo owayeziva elangazelela ukunikela kuNdikhoyo khon' ukuze kwakhiwe isibingelelo, weza ephethe umnikelo. Beza nayo yonke into

seus serviços, bem como para as vestimentas sagradas.

eyayiyimfuneko kwezonqulo nasekwenzeni izivatho zababingeleli.

[22] Todas as pessoas que se dispuseram, tanto homens como mulheres, trouxeram joias de ouro de todos os tipos: broches, brincos, anéis, braceletes e ornamentos variados; e apresentaram seus objetos de ouro como oferta ritualmente dedicada perante Yahweh.

[22]Amadoda nabafazi ababeziva belangazelela ukunikela beza nezipeliti zokuhombisa, amacici, imisesane, amaso, nazo zonke iintlobo-ntlobo zobunewu-newu begolide, bazenza umnikelo owodwa kuNdikhoyo.

[23] Todos os que possuíam fios para tecido de lã azul-celeste, púrpura-escarlate, carmesim, linho fino, pelo de cabra, peles de carneiro tingidas de vermelho e couros finos ou oriundos do mar, os traziam.

[23]Bezisa amalaphu amahle, azuba, amsobo, nabomvu; ilaphu loboya bebhokhwe, ufele olubomvu lwenkunzi yegusha, nesikhumba esisukiweyo.

[24] Todos aqueles que traziam suas contribuições de prata ou de bronze, assim procediam como entregando uma oferta de adoração ao SENHOR, e toda pessoa que tinha posse de madeira de acácia para qualquer das partes da grande obra, da mesma forma efetuou sua doação.

[24]Kanti ke nabathanda ukunikela ngesiliva okanye ubhedu benjenjalo. Abanye banikela ngomngampunzi, khon' ukuze usetyenziswe nakuwuphi na umsebenzi.

[25] As mulheres talentosas e artesãs traziam o que por suas próprias mãos tinham fiado: tecidos de lã azul-celeste, púrpura-escarlate, carmesim e linho fino.

[25]Onke amakhosikazi angamagcisa okusonta ezisa amalaphu amahle nemisonto ezuba, emsobo, nebomvu, awayeyisontile.

[26] Todas as mulheres que se dispuseram e que tinham habilidade teceram os pelos de cabra.

[26]Benza umsonto ngoboya bebhokhwe.

[27] Os líderes trouxeram pedras de ônix e muitas outras pedras preciosas, para serem encravadas no colete sacerdotal e no peitoral.

[27]Iinkokheli zona zeza namatye ekarneli namanye amatye okuhombisa isidanga nesikhuselo-sifuba,

[28] Doaram também raras especiarias e azeite puro de oliva para a iluminação, para o preparo do bálsamo da unção e para o incenso especial aromático.

[28]iziqholo neoyile yesibane, neziqholo zeoyile, neziqhumiso ezivumba limnandi.

29 Os filhos de Israel trouxeram oferta voluntária e generosa a Yahweh, a saber, todo homem e mulher, cujo coração os movia a doar uma oferta para a obra que Yahweh, por intermédio de Moisés, tinha ordenado que se fizesse.

Deus chama Bezalel e Aoliabe

30 Anunciou, pois, Moisés aos filhos de Israel: "Vede! Yahweh escolheu e convocou Bezalel, filho de Uri, neto de Hur, da tribo de Judá,

31 e o encheu do Espírito de Deus, capacitando-o plenamente com talento e habilidade artística,

32 para projetar, desenhar e executar trabalhos em ouro, prata e bronze;

33 para cortar e lapidar pedras preciosas e entalhar madeira para todo tipo de obra artesanal.

34 E o SENHOR concedeu tanto a ele como a Aoliabe, filho de Aisamaque, da tribo de Dã, a habilidade de ensinar os outros.

35 Encheu-lhes, portanto, o coração de sabedoria para realizar todo tipo de obra como artesãos, projetistas, bordadores de linho fino com fios de lã, azul-celeste, roxos, vermelhos, e como tecelões; hábeis em toda espécie de trabalhos e exímios desenhistas de projetos.

Êxodo 36

1 Assim, Bezalel, Aoliabe e todos os homens de coração sábio, a quem Yahweh concedeu extraordinário talento e habilidade para fazerem toda a obra de construção do santuário, realizaram todo o trabalho,

29Onke amaSirayeli awayeziva enolangazelelo ezisa iminikelo kuNdikhoyo, khon' ukuze kufezekiswe umsebenzi owawuyalelwe uMosis.

Iingcibi zokwakha isibingelelo
(Mfud 31:1-11)

30UMosis wathi kumaSirayeli: "Niyabona, uNdikhoyo unyule uBhezaleli unyana kaUri umzukulwana kaYuri wendlu kaJuda.

31Umzalisile ngoMoya wakhe, wamthi jize ngobugcisa nobuchule nengqiqo ephangaleleyo,

32ukuze akwazi ukucwangcisa nokuyila nokusebenza ngegolide, isiliva, nobhedu,

33ukukrola nokuqingqa amatye, nokuchwela, nawo wonke umsebenzi wobugcisa.

34Yena enoHoliyabhi unyana ka-Ahisamaki wendlu kaDan ubaphile ubuchule bokufundisa abanye ubugcisa.

35Ubaphe ubuchule beendidi zonke kumsebenzi wabakroli nabayili, nomsebenzi wokusonta amalaphu azuba, amsobo, nabomvu, nazo zonke iindidi zamalaphu. Ewe, bangamachule angawo kuyo yonke imisebenzi yobugcisa nokuyila.

Eyemfuduko 36

1"Ngoko ke uBhezaleli noHoliyabhi, nawo onke amagcisa anikwe ezi ziphiwo nokuqonda, anabo ubuchule bokuzenza zonke ezi zinto zifunekayo ekwakhiweni kwesibingelelo, makazenze zonke zibe matwa nomyalelo kaNdikhoyo."

precisamente de acordo com o que SENHOR orientou!”

Moisés entrega aos obreiros as ofertas do povo

[2] Moisés convocou, pois, a Bezalel e Aoliabe e a todos os homens capazes a quem o SENHOR abençoara com sabedoria, a todos cujo coração os impelia a cooperar com entusiasmo na realização da obra.

[3] Assim, na presença de Moisés, eles receberam todas as ofertas que o povo israelita havia trazido para a construção do santuário. E as pessoas costumavam trazer suas doações voluntariamente, manhã após manhã.

[4] Por esse motivo, todos os artesãos talentosos que trabalhavam no santuário tiveram de interromper seus afazeres e

[5] solicitar a Moisés: “Vede! O povo está trazendo muito mais do que o necessário para realizar a obra que Yahweh ordenou que se fizesse!”

[6] Então ordenou Moisés, e sua orientação foi proclamada em todo o acampamento, dizendo: “Nenhum homem ou mulher deverá fazer mais objeto algum para ser oferecido à construção do santuário”. E dessa maneira, o povo foi impedido de trazer mais contribuições,

[7] porquanto o que já haviam recebido era mais que suficiente para realizar toda a obra, e sobejava.

[8] Os artistas mais talentosos e habilidosos, dentre todos os que trabalhavam na obra, levantaram o Tabernáculo com dez cortinas internas de linho fino trançado e de fios de lã azul-celeste, púrpura-escarlate e

AmaSirayeli ayanikela

[2]Ke kaloku uMosis wathetha noBhezaleli noHoliyabhi, nabo bonke abaphiwe ubugcisa nababelangazelela ukunceda, wathi mabaqalise ukusebenza.

[3]UMosis wazigqithisela kubo zonke izinto zokusebenza ezazingumnikelo ovela kumaSirayeli ngeenjongo zokwakha isibingelelo. Baza abantu bathi rhoqo ukuzisa iminikelo yabo ngeentsasa zonke.

[4]Amagcisa lawo ayesebenza awuyeka umsebenzi,

[5]aya kuMosis, athi: “Lo mnikelo bawuzisayo aba bantu ngoku mninzi ngaphezu kwemfuneko yomsebenzi esiwuyalelwe nguNdikhoyo.”

[6]Ngoku ke uMosis wakhupha umyalelo, kwaza kwavakaliswa kumzi wonke kwathiwa: “Makungabikho bani, nokuba yindoda okanye obhinqileyo, ozisa omnye umnikelo esibingelelweni.” Ngoko ke abantu banqumama ekunikeleni.

[7]Lo mnikelo wawuselugqithisiwe wawungaphezu kwemfuneko.

Ukwakhiwa kwesibingelelo
(Mfud 26:1-37)

[8]Awona madoda angamagcisa kulawo ayesebenza, enza isibingelelo ngemikhusane elishumi yelaphu elihle kunene, linombala ozuba, omsobo, nobomvu; lihonjiswe laqhoqhonywa

carmesim, com figuras de querubins bordados sobre eles.

ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, ezenziwe ngobugcisa nobunono.

9 O comprimento de cada cortina era de doze metros e sessenta centímetros e um metro e oitenta centímetros de largura; uma única medida para todas as cortinas internas.

9Le mikhusane yayilingana, iziimitha ezilishumi elinambini ubude, nesibini seemitha ububanzi.

10 Cinco cortinas eram ligadas uma à outra; e as outras cinco eram também ligadas uma à outra.

10Imikhusane leyo ke bayithunga bayidibanisa ngamihlanu ngamihlanu.

11 Fizeram laçadas de lã azul-celeste ao longo da borda da última cortina interna do primeiro conjunto de cortinas internas, fazendo o mesmo com o segundo conjunto.

11Benza amarhintyela ngelaphu elizuba phaya emphethweni ngapha nangapha.

12 Cinquenta laçadas fizeram numa cortina, e cinquenta, na outra cortina na extremidade do segundo conjunto; as laçadas eram contrapostas uma à outra.

12Bafaka amarhintyela angamashumi amahlanu kuloo macala omabini, bawenza alungelelana.

13 Depois fizeram cinquenta ganchos, como colchetes, de ouro, com os quais prenderam as cortinas uma à outra; e o Tabernáculo passou a ser um todo uniforme.

13Benza namashumi amahlanu amahaki ngegolide, khon' ukuze la macala mabini emikhusane ahlanganiswe abe yinto enye.

14 Fizeram também um total de onze cortinas internas de pelos de cabra para servirem de cobertura para a Tenda de Deus, o Tabernáculo.

14Baza ke benza intente yangaphandle ngemiqulu elishumi elinanye eyenziwe ngoboya bebhokhwe.

15 As onze cortinas internas tinham as mesmas medidas: treze metros e meio de comprimento por um metro e oitenta centímetros de largura.

15Bayenza yalingana yaziimitha ezilishumi elinantathu ubude, zambini ke ububanzi.

16 Juntaram à parte cinco cortinas entre si, e de igual modo as seis restantes.

16Isihlanu sayo ke basithunga basidibanisa sayinto enye; ngokunjalo nesithandathu eso basithunga basidibanisa sayinto enye naso.

17 E fizeram cinquenta laçadas em torno da borda da última cortina interna do outro conjunto.

17Bafakela amarhintyela angamashumi amahlanu emphethweni wecala ngalinye.

[18] Fizeram também cinquenta colchetes de bronze para prender as duas peças uma na outra, a fim de formarem uma só cobertura.

[18]Bathatha ubhedu, benza ngalo amahaki angamashumi amahlanu, khon' ukuze la macala mabini adityaniswe.

A coberta de peles e as tábuas

[19] E confeccionaram mais uma cobertura, de peles de carneiro tingidas de vermelho; e em cima dessa colocaram outra cobertura feita de peles finas.

[19]Baza intente bayenzela izigqubuthelo ezibini, esangaphantsi senziwe ngofele olubomvu lwenkunzi yegusha, esangaphezulu ngesikhumba esisukiweyo.

[20] Fizeram ainda para o Tabernáculo armações com tábuas de madeira de acácia, a fim de colocá-las em posição vertical.

[20]Benza izakhelo zokuxhasa intente leyo ngomngampunzi.

[21] Cada armação tinha quatro metros e meio de comprimento por setenta centímetros de largura,

[21]Isakhelo ngasinye sasiziimitha ezine ubude neesentimitha ezingamashumi amathandathu nesithandathu ububanzi.

[22] com dois encaixes paralelos um ao outro. Assim, todas as armações do Tabernáculo foram feitas com tábuas de madeira de acácia.

[22]Bazenza ke zalabalaba ngapha nangapha, ukuze zibe nokuhlanganiswa. Zonke ke izakhelo zenziwa ngale ndlela.

[23] Produziram também vinte armações para o lado sul do Tabernáculo

[23]Izakhelo ezo zaba ngamashumi amabini ezangezantsi.

[24] e quarenta bases de prata para serem assentadas debaixo delas; duas bases para cada armação de tábua, uma debaixo de cada encaixe.

[24]Ngokunjalo bazenzela iziseko ngesiliva zamashumi mane, zazibini esakhelweni, ukuze zibambe nale ndawo ilabalabayo.

[25] Fizeram, para o segundo lado do Tabernáculo, para o norte, vinte tábuas e quarenta bases de prata:

[25]Amantla bawenzela izakhelo ezingamashumi amabini,

[26] duas bases debaixo de uma tábua e duas bases debaixo da outra tábua.

[26]ngokunjalo neziseko zesiliva ezingamashumi amane, zazibini esakhelweni.

[27] Para o fundo do Tabernáculo, para o oeste, fizeram seis tábuas.

[27]Kwicala langasemva entshona benza izakhelo zazithandathu,

[28] Prepararam também duas armações de tábua para os cantos do fundo do Tabernáculo.

[28]baza benza izakhelo zazibini ezikoneni.

[29] Eram geminadas, desde a parte inferior até a parte mais elevada, fixadas numa só argola, ambas confeccionadas do mesmo modo.

[29]Ezi zakhelo zeekona zaziqhagamshelwe emazantsi, zaya kuqhina phezulu. Kunjalo ke okwezi zakhelo zibini zeekona.

[30] Havia, portanto, oito armações de tábua com suas dezesseis bases de prata, duas bases para cada tábua.

[30]Ngoko ke zazisibhozo izakhelo, zixhaswe ngeziseko ezilishumi elinesithandathu – zizibini esakhelweni.

[31] Fizeram também travessões de madeira de acácia,

[31]Kwakhona benza imiqadi yezakhelo ngomngampunzi. Yayimihlanu ngapha

[32] cinco para as tábuas do primeiro lado do Tabernáculo, cinco para as tábuas do segundo lado do Tabernáculo e cinco para as tábuas do fundo do Tabernáculo, do lado do mar.

[32]nangapha, ngokunjalo nakwicala langasentshona ngasemva.

[33] Prepararam o travessão central de uma extremidade à outra, passando pelo meio das tábuas.

[33]Lo uphakathi bawubeka esizikithini, wasuka ngapha waya kuthi ngqu ngaphaya.

[34] Revestiram de ouro todas as armações de tábua, e de ouro fizeram suas argolas para sustentar os travessões, os quais igualmente foram revestidos de ouro.

[34]Izakhelo ezo bazityabeka ngegolide, bazinxibelela amakhonkco enziwe ngegolide apho kwakungena khona imiqadi – miqadi leyo eyayityatyekwe ngegolide nayo.

Os véus e as colunas

[35] Confeccionaram o véu de linho fino trançado e de fios de lã azul-celeste, púrpura-escarlate e carmesim. Fizeram-no bordado com figuras de querubins.

[35]Baza ke bathatha imiqulu yelaphu elisontwe kakuhle, benza umkhusane. Wawuyile mibala: ozuba, omsobo, nobomvu. Futhi ke wawuhonjiswe ngemifanekiso yezithunywa ezimaphiko, eyenziwe ngobugcisa nobunono.

[36] Fizeram para o véu quatro colunas de acácia, e as revestiram de ouro; seus ganchos eram de ouro e fundiram suas bases de prata.

[36]Lo mkhusane ke wawuxhonywe kwiintsika zomngampunzi, bezityabeke ngegolide, bazenzela amahaki; zona ke zazixhaswe ngeziseko ezine zesiliva.

[37] Para a entrada da Tenda confeccionaram uma cortina de linho fino trançado e de fios de lã azul-celeste, púrpura-escarlate e

[37]Esangweni lesibingelelo bafaka umkhusane owenziwe ngelaphu lisontwe kakuhle, linale mibala: ozuba, omsobo,

carmesim, também obra de arte de bordador,

[38] com suas cinco colunas e respectivos ganchos. Revestiram de ouro as partes superior e lateral das colunas e fizeram de bronze suas cinco bases.

Êxodo 37

A arca

[1] Bezalel fez a Arca de madeira de acácia, com um metro e dez centímetros de comprimento, setenta centímetros de largura e setenta centímetros de altura.

[2] Revestiu-a de ouro puro por dentro e por fora; e fez ao redor uma moldura de ouro.

[3] Fundiu quatro argolas de ouro que fixou sobre os quatro pés da Arca; duas argolas de um lado e duas do outro.

[4] Depois aparelhou varas de madeira de acácia, e as revestiu de ouro;

[5] e colocou-as nas argolas laterais da Arca, para que pudesse ser transportada.

O propiciatório

[6] Fez a tampa da Arca, o propiciatório, também de ouro puro: um metro e dez centímetros de comprimento por setenta centímetros de largura.

[7] Confeccionou também dois querubins de ouro puro. De ouro batido os fez, nas duas extremidades do propiciatório:

[8] um querubim numa extremidade, e o outro na extremidade oposta. Ele os fez formando um só conjunto com o propiciatório em ambos os lados dele.

nobomvu; baza ke baliqhoqhonya balihombisa ngobugcisa nobunono.

[38]Lo mkhusane ke bawenzela iintsika ezintlanu, bazifakela amahaki. Iintloko zeentsika, ngokunjalo nemiqadi, bayityabeka ngegolide, baza bazenzela iziseko ezihlanu ngobhedu.

Eyemfuduko 37

Ukwenziwa kwetyesi yomnqophiso
(Mfud 25:10-22)

[1]UBhezaleli wayenza ityesi yomnqophiso ngomngampunzi. Yayiziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude, zingamashumi amathandathu nantandathu ububanzi kwanomphakamo wayo.

[2]Wayityabeka ngegolide ngaphandle nangaphakathi, waza ke wayiphetha kwangayo jikelele.

[3]Kumanqina ayo omane wayifakela amakhonkco enziwe ngegolide, amabini kweli cala, amabini kweliya.

[4]Kwakhona wenza imiqobo yokuphatha, wayityabeka ngegolide,

[5]wayifaka kulaa makhonkco ngapha nangapha, ukuze ibe nokuthwalwa.

[6]Wathatha igolide, wenza isivalo setyesi. Sasiziisentimitha ezilikhulu elineshumi ubude, zingamashumi amathandathu anantandathu ububanzi.

[7-9]Wathatha igolide, wabumba izithunywa ezimaphiko zambini, wazenza zaba yinto enye nesivalo eso, zamiswa ngapha nangapha phezu kwaso zijongene, athi ke naloo maphiko azo athe naa agubungela isivalo eso.

[9] Os querubins tinham as asas estendidas para cima, cobrindo com elas o propiciatório. Estavam de frente um para o outro, com o rosto voltado em direção ao propiciatório.

A mesa

[7] Lavará, então, suas vestes e banhará seu corpo com água; depois disso entrará no acampamento, mas ficará ainda impuro até a tarde.

Eyasentlango 19

Amanzi entlambululo

[1] UNdikhoyo wathetha noMosis noAron,

[2]wabanika le miyalelo, wathi: “Ngokommiselo kaNdikhoyo amaSirayeli makeze nethokazi lenkomo elibomvu, elingenasiphako, elingazange libotshwe,

[3]alinikezele kuElazare umbingeleli. Lothathwa ke likhutshelwe ngaphandle komzi wamaSirayeli, apho loxhelelwa khona ekho.

[4]UElazare ke uya kuthi nkxu umnwe egazini apho, aze atshize kasixhenxe ejongise kwisango lesibingelelo.

[5]Xa iyonke ke loo nkomo, ufele nenyama, igazi namathumbu, mazitshiswe apho phambi kombingeleli ejongile njalo.

[6]Ke yena uya kuthatha ukhuni lomsedare, ihlamvu lehisopu, nomtya obomvu, aziphose phezu kwelo thokazi litshiswayo.

[7]Kamva ke makahlambe iimpahla zakhe, ngokunjalo nomzimba, aze ke abe nokubuyela emzini. Kambe ke uya kuhlala engekahlambuluki kude kuhlwe.

[8] Da mesma maneira, aquele que queimou a novilha lavará suas vestes, banhará seu corpo com água e será considerado impuro até a tarde.

[9] Um homem, considerado cerimonialmente puro, se encarregará de recolher as cinzas da novilha e as depositará num local puro, fora dos limites do acampamento. Ali as cinzas serão guardadas pelo povo de Israel a fim de serem usadas na preparação da água lustral, que tira a impureza das pessoas. Esta cerimônia serve como sacrifício para tirar pecados.

[10] Aquele que tiver recolhido as cinzas da novilha lavará suas vestes e ficará impuro até a tarde. Tanto para os filhos de Israel como para o estrangeiro que habita entre eles, este será um decreto perpétuo.

[11] Aquele que tocar em alguma pessoa morta se tornará impuro durante sete dias.

[12] Portanto, deverá purificar-se com essa água lustral no terceiro e no sétimo dia; então será considerado novamente puro. Contudo, se não se purificar no terceiro e no sétimo dia, não estará livre da impureza que adquiriu.

[13] Qualquer pessoa que tocar num cadáver humano e não passar pela cerimônia de purificação, contamina a Habitação de Yahweh, e será sumariamente banida do meio do povo de Israel. Visto que as águas lustrais não foram aspergidas sobre essa pessoa, sua imundícia permanece sobre ela.

[8]Naloo mntu ubetshisa le nkomo kufuneka ahlambe iimpahla nomzimba, kodwa naye akayi kuhlambuluka de kube ngorhatya.

[9]Uthuthu lweli thokazi ke maluwolwe yindoda ehlambulukileyo, ilubeke endaweni ehlambulukileyo, kwalapho ngaphandle komzi wamaSirayeli, apho luya kugcinwa khona libandla, ukuze amaSirayeli alusebenzise xa esenza amanzi entlambululo okususa isono.

[10]Loo mntu ubebutha uthuthu makazihlambe iimpahla zakhe, kodwa ke akayi kuhlambuluka kude kuhlwe. Lo mmiselo ke soze uthini nanini nanini; ngoko ke mawuthotyelwe ngamaSirayeli ngokunjalo nabangeneleli.”

Ukusetyenziswa kwamanzi entlambululo

[11]“Nabani na ochukumise isidumbu woba ugqwalisekile iintsuku ezisixhenxe.

[12]Ngoko ke kofuneka azihlambulule ngamanzi entlambululo kusuku lwesithathu, ngokunjalo nangolwesixhenxe, ukuze abe uhlambulukile. Kambe ke ukuba akazihlambululanga kuzo zombini ezi ntsuku, olwesithathu nolwesixhenxe, akayi kuhlambuluka.

[13]Ke yena ochukumise isidumbu waza akazihlambulula, ugqwalisa isibingelelo sikaNdikhoyo. Umntu onjalo makasikwe kwaSirayeli; kaloku akatshizwanga ngamanzi entlambululo. Wohlala egqwalisekile.

[14] Esta é a lei que deve ser aplicada quando uma pessoa morre numa das tendas: Quem quer que entre na tenda e quem quer que aí se encontre, ficará imundo sete dias.

[15] Está igualmente impuro todo recipiente aberto que não tenha sido fechado com uma tampa ou com uma atadura.

[16] Todo aquele que estiver no campo e tocar em um ser humano que tenha sido assassinado a espada, ou alguém que tenha sofrido morte natural, ou mesmo num osso humano, ou em uma sepultura, ficará imundo durante sete dias.

[17] Tomar-se-á, para a pessoa em situação de impureza cerimonial, um pouco das cinzas do holocausto de purificação, em um jarro. Em seguida, derramar-se-á água corrente sobre as cinzas no vaso.

[18] Em seguida, um homem cerimonialmente purificado pegará um galho de hissopo, o molhará naquela água e a aspergirá sobre a tenda, sobre todos os utensílios e sobre todas as pessoas que ali estiverem, bem como sobre aquela pessoa que houver tocado uma ossada humana, um homem assassinado, qualquer cadáver ou túmulo.

[19] Aquele que estiver puro fará aspersão sobre o impuro, no terceiro e no sétimo dia, e no sétimo dia o impuro estará livre da imundícia do seu pecado. Aquele que estava sendo purificado lavará suas vestes e se banhará com água, e ao pôr do sol daquele dia estará puro.

[20] Mas, se aquele que estiver imundo não se purificar, será imediatamente banido da

[14]“Nanku ummiselo ophathelele malunga nomntu ofele endlwini:nabani na olapho ngelo xesha, okanye ongenayo, uya kuba ugqwalisekile iintsuku zide zibe sixhenxe.

[15]Ngokunjalo nayiphi na ingqayi okanye imbiza engacikwanga yogqwaliseka nayo.

[16]Nomntu othe engaphandle phaya wachukumisa umntu ogetyengiweyo okanye ozifele nje, okanye ochukumise ithambo lomntu okanye ingcwaba, uya kugqwaliseka iintsuku ezisixhenxe.

[17]“Xa kuhlanjululwa umntu onjalo ke, kofuneka kucatshulwe kuthuthu lwethokazi elibomvu, lona luhlambululayo, lufakwe embizeni, luxutywe namanzi angcwengileyo.

[18]Wosuka ke umntu ohlambulukileyo athathe ihlamvu lehisopu, alithi nkxu apho emanzini, atshize indlu nako konke okukuyo, ngokunjalo nabantu ababelapho kuyo. Okanye umntu ohlambulukileyo uya kuthatha loo manzi atshize lowo uchukumise ogetyengiweyo, okanye ofileyo, mhlawumbi ochukumise ithambo noba lingcwaba.

[19]Kusuku lwesithathu, ngokunjalo nakolwesixhenxe, loo mntu uhlambulukileyo uya kutshiza lowo ugqwalisekileyo. Ngosuku lwesixhenxe ke uya kuhlambuluka loo mntu, akuba ezihlambile iimpahla zakhe, naye ngokwakhe ehlambe umzimba. Matshona kwelanga ke woba uhlambulukile.

[20]“Umntu ogqwalisekileyo, waza akazihlambulula, umelwe kukusikwa

congregação, porquanto contaminou de morte o santuário de Yahweh. As águas da purificação não foram aspergidas sobre essa pessoa, e a imundícia permanece sobre ela.

ebantwini, kuba unyelise isibingelelo sikaNdikhoyo. Kaloku akatshizwanga ngamanzi okuhlambulula; ngako oko uhlala egqwalisekile.

[21] Isto será para eles um estatuto perene. Aquele que fizer a aspersão das águas lustrais lavará; suas roupas e aquele que tocou essas águas ficará impuro até à tarde.

[21]Lo mmiselo mawuthotyelwe nini nanini. Umntu otshiza ngamanzi okuhlambulula makazihlambe iimpahla zakhe. Kanti ke nabani na ochukumisa amanzi okuhlambulula, uhlala engahlambulukanga kude kuhlwe.

[22] Tudo aquilo que o impuro tocar ficará imundo também, e a pessoa que o tocar ficará cerimonialmente impura até o pôr do sol.

[22]Nantoni na echukunyiswe ngumntu ogqwalisekileyo nayo iba njalo; futhi nabani na oyichukumisayo naye uhlala enjalo kude kuhlwe."

Números 20

A morte de Miriã

[1] No primeiro mês toda a congregação de Israel deslocou-se para o deserto de Zim e armou acampamento em Cades. Ali Miriã morreu e foi sepultada.

[2] Naquele lugar não se encontrava água potável para a comunidade; por esse motivo o povo se reuniu e começou a reclamar contra Moisés e Arão.

[3] Discutiram com Moisés e exclamaram: "Quem dera tivéssemos todos perecido quando nossos irmãos tombaram mortos diante de Yahweh!"

[4] Por que conduziste a assembleia do SENHOR a este deserto, para aqui morrermos, nós e os nossos animais?

[5] Por que nos fizeste subir do Egito para nos conduzir a este terrível lugar? É uma terra absolutamente inadequada para semeadura, onde não há cereais, nem figueiras, nem

Eyasentlango 20

Amanzi ampompoza eliweni

(Mfud 17:1-7)

[1]Kwathi ngenyanga yokuqala uSirayeli ephela wagaleleka kwintlango iZin, waza wamisa eKadeshe. Apho ke kulapho wafa waza wangcwatyelwa khona uMiriyam.

[2]Ke kaloku kwakungekho manzi kuloo ndawo. Ngoko ke amaSirayeli aqokelelana kuMosis noAron,

[3]alwa noMosis, athi: "Akwaba nathi sasife nabantakwethu phambi kwesibingelelo sikaNdikhoyo.

[4]Ngani ukuba thina bantu bakaNdikhoyo nisizise kule ntlango? Benifuna size kufela apha ndawonye nemfuyo yethu?

[5]Kakade, kwakutheni ukuze nisikhuphe eJiputa, nize kusifaka kwenje yona indawo, emhlaba ungavelisi nento le? Akukho ngqolowa namakhiwane, kungekho diliya narharnati; ke wona amanzi tu!"

vinhas, nem romãzeiras e até mesmo sem água para beber!”

6 Moisés e Arão deixaram a assembleia e vieram à entrada da Tenda do Encontro. Prostraram-se com seus rostos rente ao chão, e apareceu-lhes a glória de Yahweh.

6UMosis noAron balishiya ibandla, baya kuma esangweni lesibingelelo. Baguqa phantsi, baza ke babubona ubungangamsha bukaNdikhoyo.

Moisés fere a rocha, e as águas saem

7 Então o SENHOR ordenou a Moisés:

7UNdikhoyo wathi kuMosis:

8 “Toma teu cajado e reúne a comunidade toda, tu e teu irmão Arão. Em seguida e sob os olhos deles, dize a este rochedo que faça fluir suas águas. Farás, pois, jorrar água da rocha, e darás de beber ao povo e também aos animais!”

8“Thatha intonga ephambi kwetyesi yomnqophiso, uze wena nomntakwenu uAron nilihlanganise ibandla, uze ke uthethe neliwa bejongile. Kothi kumpompoze amanzi kulo, baze abantu nemfuyo yabo basele.”

9 Então Moisés pegou seu cajado que estava diante do SENHOR, como este lhe havia instruído.

9Ke uMosis wayithatha intonga leyo esibingelelweni ngokomyalelo kaNdikhoyo.

10 Moisés e Arão reuniram a congregação diante do rochedo, e em seguida Moisés exclamou: “Ouvi, agora, rebeldes! Será que teremos de fazer jorrar água desta rocha para vos saciar a sede?”

10Yena noAron bawaqokelela onke amaSirayeli apho phambi kweliwa, waza wathi uMosis: “Phulaphulani, nina baqhankqalazi! Ngaba nifuna sikhuphe amanzi kweli liwa?”

11 Em seguida, Moisés ergueu o braço e bateu na rocha duas vezes com seu cajado. Imediatamente jorrou água potável, e saciou a sede de todo o povo e de seus rebanhos.

11UMosis wayiphakamsa intonga, walibetha kabini iliwa elo, kwaza ke kwampompoza amanzi, abantu ndawonye nemfuyo basela.

12 Contudo, disse Yahweh a Moisés e Arão: “Visto que não confiastes suficientemente na minha pessoa, de modo a honrar a minha santidade e Palavra à vista dos filhos de Israel, não fareis entrar esta comunidade na terra que lhe dei!”

12UNdikhoyo wabhekisa kuMosis noAron wathi: “Ngenxa yokungandithembi nokungandiniki imbeko phambi kwamaSirayeli, anisayi kulikhokela eli bandla nilingenise kwelo lizwe ndalithembisa lona.”

13 Estas são as águas de Meribá, onde os filhos de Israel contenderam com Yahweh e onde Ele manifestou sua santidade entre eles.

13Esi siganeko ke sehla eMeribha apho amaSirayeli amkhalazela khona uNdikhoyo. Ke yena wazibonakalisa kuwo ukuba ungcwele.

Moisés solicita passagem pelo Edom

AmaEdom axabile endleleni yamaSirayeli

[14] Da cidade de Cades, Moisés enviou alguns mensageiros que foram transmitir ao rei de Edom a seguinte mensagem: “Ao rei de Edom. Assim fala teu irmão Israel. Tu mesmo sabes quantas tribulações nos têm advindo.

[14]Ke kaloku uMosis wakhupha abathunywa, baya kukumkani wase-Edom, esithi: “Nanku umyalezo ovela kubantakwenu amaSirayeli: ‘Uyazazi iinzingo ezasihlelayo.

[15] Nossos pais desceram ao Egito onde habitamos por longos anos. Os egípcios, entretanto, nos maltrataram muito, bem como aos nossos antepassados.

[15]Kaloku ookhokho bethu bafudukela eJiputa, apho sahlala khona iminyaka ngeminyaka. AmaJiputa ke abaphatha kakubi ndawonye nathi.

[16] Clamamos a Yahweh. Ele ouviu nossas orações e enviou o anjo que nos libertou do Egito. Eis que agora estamos todos em Cades, cidade localizada na fronteira do teu território.

[16]Sasuka ke sazibika kuNdikhoyo, waza ke yena wasabela, wathumela isithunywa sakhe, wasikhupha eJiputa. Ngoku ke naku silapha eKadeshe, idolophu esemideni yakho.

[17] Desejamos, se isto te parece bem, atravessar tua terra. Não atravessaremos os campos, nem as vinhas; também não beberemos água dos teus poços; seguiremos a estrada real, sem nos desviarmos para a direita ou para a esquerda, até que atravessemos todo o teu território.”

[17]Sicela ukuba usivumele sinqumle kulo mhlaba wakho. Siyathembisa ukuba thina nemfuyo yethu siya kuhamba ngqo ngendlela, singaphambukeli emasimini nakwizidiliya zakho, singayi kukhe sisele nakumaqula akho. Ewe, siya kuthi ngqo ngohola, singaphambuki side siphume emhlabeni wakho.’ ”

[18] Porém Edom contestou-lhes: “Não passarás por minhas terras, pois do contrário marcharei preparado para guerra contra ti!”

[18]Ke wona amaEdom aphendula athi: “Unotshe! Akuyi kucanda apha. Ukungena oku kwakho ndiya kuphuma ndikuhlasele.”

[19] Então a congregação dos filhos de Israel ponderou-lhe: “Seguiremos pela estrada real, a principal, de terra batida; se bebermos da tua água, se nós e nossos animais bebermos de tua água, pagaremos o valor que desejares por ela. Basta que nos deixe atravessar o teu território a pé, e nada além disso!”

[19]AmaSirayeli aphendula esithi: “Siya kuhamba ngqo ngohola. Ukuba thina okanye impi yethu ithe yasela amanzi akho, siya kuwahlawulela. Inye into esiyifunayo, kukunqumla ngeenyawo.”

[20] Contudo, Edom retrucou-lhes irredutível: “Não passarás por minhas terras!”, e Edom partiu com seu exército grande e bem armado ao encontro do povo de Israel.
[21] Considerando que Edom recusou-se terminantemente a conceder permissão para atravessar seu território, toda a congregação de Israel desviou-se dele.

A morte de Arão

[22] Toda a comunidade israelita saiu da cidade de Cades e chegou até o monte Hor.
[23] E foi naquele monte, próximo à fronteira de Edom, que o SENHOR comunicou a Moisés e Arão:
[24] “Eis que Arão se reunirá a seus antepassados: não entrará na terra que darei aos filhos de Israel, visto que fostes ambos rebeldes a minha Palavra, junto às águas de Meribá!

[25] Toma, portanto, a Arão e Eleazar seu filho, e faze-os subir à montanha de Hor.

[26] Ao chegar ao alto do monte tira as vestes de Arão e coloca-as em seu filho Eleazar, pois Arão será reunido a seus pais: é exatamente ali que ele vai morrer!”
[27] Moisés fez tudo em conformidade com as ordens do SENHOR; subiram o monte Hor à vista de toda a congregação.
[28] Moisés tirou as roupas sacerdotais que Arão vestia e as colocou em seu filho Eleazar. E Arão morreu no alto da montanha. Depois disso, Moisés e Eleazar desceram do monte.

[29] Toda a comunidade soube que Arão havia expirado e toda a nação de Israel

[20]AmaEdom athi: “Anizukunqumla!” Aza ke amaEdom asuka nomkhosi omkhulu, afunza kumaSirayeli.

[21]Ke kaloku amaSirayeli ajika athatha ndlela yimbi, kuba amaEdom ewalela ukuba anqumle emhlabeni wawo.

Ukufa kuka-Aron

[22]USirayeli ephela wanduluka ke eKadeshe, waza waya kugaleleka kwintaba iHore
[23]kufutshane nomda wase-Edom. Apho ke uNdikhoyo wathetha noMosis noAron, wathi:

[24]“Wena Aron, uza kufa; akuzi kuya kufika kwelo lizwe ndamthembisa ngalo uSirayeli. Kaloku nina nobabini nawuvukela umthetho wam eMeribha.

[25]Ngoko ke, wena Mosis, thatha uAron nonyana wakhe uElazare, uye nabo kwintaba iHore.

[26]Khona apho ke uze uyithathe iminweba ka-Aron yobubingeleli, uyinxibe uElazare unyana wakhe, kuba uAron yena uza kufa.”

[27]UMosis wenza ngokwelizwi likaNdikhoyo. Benyuka baya kwintaba iHore, lonke ibandla libukele,
[28]waza uMosis wayikhulula iminweba yobubingeleli kuAron, wayinxiba uElazare. Ke yena uAron wafela apho phezu kwentaba, baza ke uMosis noElazare behla entabeni.
[29]Athi ke amaSirayeli, akuva ukuba uAron akasekho, amzilela iintsuku ezimashumi mathathu.

Números 21

Os israelitas destroem os cananeus

[1] O rei de Arade, o cananeu, que habitava o Neguebe, região sul de Canaã, soube que o povo de Israel vinha pelo caminho de Atarim. Então, com seu exército, atacou os israelitas e levou alguns deles como prisioneiros.

[2] Foi quando a congregação de Israel apresentou este voto ao SENHOR: “Se entregares este povo em nossas mãos, consagraremos suas cidades a ti, como anátema, todos os despojos conquistados serão dedicados ao Eterno!”

[3] E Yahweh, o Eterno, deu atenção às súplicas de Israel e lhes entregou os cananeus. Israel os destruiu completamente, a eles e às suas cidades. E, por esse motivo, esse lugar passou a ser chamado de Hormá, Consagração.

As serpentes ardentes e a serpente de metal

[4] Então os israelitas partiram do monte Hor pelo caminho do mar Vermelho, que vai até o golfo de Ácaba, para dar a volta em redor da região de Edom. Entretanto, durante a jornada o povo perdeu a paciência uma vez mais,

[5] e passou a murmurar contra Deus mediante suas reclamações a Moisés. E o povo se queixava exclamando: “Por que nos fizestes subir do Egito para morrermos neste deserto? Pois não há nem pão, nem água! Estamos enfastiados deste alimento miserável!”

[6] Então o SENHOR enviou contra o povo serpentes peçonhentas, cuja mordedura queimava como brasa viva, e muitos foram

Eyasentlango 21

Ukoyiswa kwamaKanana

[1]Ke kaloku ukumkani waseAradi, umKanana, owayemi emazantsi eKanana, wathi akuva ukuba amaSirayeli ayeza ngendlela esinga eAtarim, wawahlasela, wada wawathimba amanye.

[2]AmaSirayeli ke asuka enza isifungo kuNdikhoyo, athi: “Ukuba usiphile amandla, saboyisa abo bantu, inene siya kubatshabalalisa ngokupheleleyo ndawonye nezixeko zabo.”

[3]Ngenene ke uNdikhoyo waweva amaSirayeli, waza wawanceda awoyisa awatshabalalisa tu amaKanana ndawonye nezixeko zawo. Loo ndawo ke ayithiya igama eliyiHoma.

Inyoka yobhedu

[4]Ukumka kwawo kwintaba iHore amaSirayeli ahamba ngendlela esinga kuLwandle oluBomvu, khon' ukuze bawucezele umhlaba wamaEdom.Endleleni ke apho amaSirayeli akruquka,

[5]aza amkhalazela uThixo ndawonye noMosis, athi: “Kwakutheni kakade ukuze usikhuphe eJiputa, sizokufela kule ntlango? Akukho kutya namanzi apha! Okokwayo ke yona le nkatshu-nkatshu isikruqule!”

[6]Ke uNdikhoyo wawathumela isibetho seenyoka ezinobuhlungu, zawaluma amaSirayeli, kwafa amaninzi.

os que morreram envenenados, entre o povo de Israel.

[7] O povo se reuniu e correu para Moisés, suplicando: “Pecamos ao abrirmos nossas bocas para murmurar contra Yahweh e contra ti. Rogamos, pois, que intercedas junto ao SENHOR por nós, a fim de que Ele afaste de nós estas cobras horríveis!” E Moisés orou intercedendo pelo povo.

[7]AmaSirayeli ke athi akuqonda ukuba enze imposiso, aya kuMosis, avuma athi: “Sonile ngokukrokrela uNdikhoyo ndawonye nawe. Khawusitarhuzisele, uNdikhoyo azisuse ezi nyoka.” Ngoko ke uMosis wawathandazela amaSirayeli.

[8] Então o SENHOR ordenou a Moisés: “Faze uma serpente de bronze e coloca-a no alto de um poste. Todo aquele que for picado e olhar para ela viverá!”

[8]UNdikhoyo ke wathi kuMosis: “Yenza umfanekiso wenyoka, uwuxhome esibondeni, khon' ukuze athi nabani na olunywe yinyoka akhangele kuyo, aphile.”

[9] Moisés modelou a figura de uma serpente em bronze e a colocou no alto de um poste. Sempre que alguém era mordido por uma daquelas cobras venenosas e olhava para a figura da serpente de bronze, ficava curado e permanecia vivo.

[9]Ngenene ke uMosis wayenza inyoka ngobhedu, wayixhoma esibondeni. Nabani na ke olunywe yinyoka wayekhangela apho kuloo nyoka yobhedu, atsho aphile.

Jornadas dos israelitas

Ukuya kwintili yamaMowabhi

[10] Partiram os filhos de Israel e armaram acampamento em Obote.

[10]AmaSirayeli ke anduluka, aya kumisa eObhoti.

[11] Depois deixaram Obote e acamparam em Ijé Abarim, ruínas de Abarim, no deserto em frente ao território de Moabe, do lado do sol levante.

[11]Nalapha ke anduluka, aya kutsho kwi-Iye-abharim kwintlango esempuma yomhlaba wamaMowabhi.

[12] Saíram dali e acamparam no vale de Zerede.

[12]Ukusuka apho ke aya kumisa kwintili yaseZerede.

[13] E partiram das torrentes de Zerede e armaram acampamento do outro lado do rio Arnom, que passa pelo deserto e se estende até o território amorreu. O próprio Arnom é a fronteira de Moabe, entre Moabe e os amorreus.

[13]Ukuphuma apha ke aya kumisa kwicala elingentla komlambo iAnoni, kwintlango ehamba iyokuthi xhaxhe kumhlaba wama-Amori. Ke iAnoni le yayingumda owahlula amaMowabhi kuma-Amori.

[14] É por isso que se diz no Livro das Guerras do Eterno: “O que realizei no mar Vermelho e nos ribeiros de Arnom,

[14]Yiyo loo nto ke iNcwadi yamaDabi kaNdikhoyo ithetha ngezi ndawo nje:

“Idolophu iWahebhi kwingxingwa kaSufa; umlambo iAnoni,

15 e a corrente dos ribeiros, que se estendem até a cidade de Ar e chegam até a fronteira de Moabe!”

15namathambeka eentili eziyokuthi xhaxhe ngedolophu iAra, ukuya kuqhina kumda wamaMowabhi.”

16 De lá prosseguiram até Beer, o poço onde o SENHOR falou a Moisés: “Reúne o povo e Eu lhe darei água!”

16Ukuphuma apho ke aya kufika kwindawo ekuthiwa kuseBhere. Lelaa qula ke eli apho uNdikhoyo wathi uMosis makawaqokelele amaSirayeli, azokuwapha amanzi.

17 Foi quando todo o Israel entoou este cântico: “Jorrai água, ó poço! Cantai todos sobre a história das suas águas;

17Ngelo thuba ke amaSirayeli amemelela enjenje: “Khawutsabis' amanzi, qulandini! Ke thina sowamkela ngengoma.

18 a respeito do poço que os príncipes cavaram, que os nobres e líderes do povo abriram com bastões de comando e seus cajados!” Então partiram do deserto para Mataná,

18Iqula elimbiwe ngamatshawe, elingumsebenzi wezikhulu zasebantwini; elimbiwe ngomsimbithi wasebhotwe, ngokunjalo neentonga zakhona.” Ukuphuma apho entlango ke baya kugaleleka eMatana;

19 de Mataná para Naaliel, de Naaliel para Bamote,

19baza ke ngokunjalo bagqitha eNahalile naseBhamoti,

20 e de Bamote para o vale que se abre para os campos de Moabe, em direção às alturas do Pisga, que fica diante do deserto e o domina.

20bandula ke ukuya kufika kwintili ekumhlaba wamaMowabhi, phantsi kwentaba iPisga ekrobele umqwebedu.

Os israelitas ferem os reis de Moabe e de Basã

21 Então Israel enviou mensageiros a Seom, rei dos amorreus, a fim de dizer-lhe:

Ukoyiswa kukaSihon no-Ogi

21AmaSirayeli athumela izigidimi kuSihon ukumkani wama-Amori, athi:

22 “Desejo atravessar tua terra. Não nos desviaremos pelos campos nem pelas vinhas; não beberemos a água dos teus poços; seguiremos a estrada do rei, a principal, até que tenhamos atravessado todo o teu território.”

22“Sivumele sinqumle elizweni lakho. Asiyi kuphambukela emasimini okanye ezidiliyeni, okanye sisele amanzi emaquleni. Siya kuhamba ngqo ngohola, side siphume emhlabeni wakho.”

23 Seom, contudo, não permitiu a Israel atravessar suas terras. Reuniu todo o seu povo, marchou pelo deserto ao encontro de

23Kambe ke uSihon akavumanga ukuba amaSirayeli anqumle emhlabeni wakhe. Ndaweni yaloo nto waphuma nomkhosi

Israel, e chegou a Jaza, onde combateu contra os israelitas.

24 Israel, porém, os venceu a espada e tomou-lhe as terras desde Arnom até o Jaboque, até o território dos amonitas, pois Jazar estava na fronteira dos amonitas.

25 Assim, os israelitas conquistaram todas as cidades dos amorreus e ocuparam-nas, incluindo Hesbom e todos os seus povoados.

26 Hesbom era a cidade onde habitava Seom, o rei dos amorreus. Ele tinha lutado contra o antigo rei moabita que havia tomado todas as suas terras até o rio Arnom.

27 É por esse motivo que costumam dizer os poetas: "Vinde a Hesbom! Seja ela reconstruída: Seja restaurada a cidade de Seom!

28 Fogo jorrou de Hesbom, labaredas fluíram da cidade do rei Seom e dovoraram Ar, de Moabe, consumiram as alturas do Arnom!

29 Ai de ti, ó Moabe! Estás arrasado, ó povo de Camos! Fez dos seus filhos fugitivos e das suas filhas, cativas de Seom, rei dos amorreus.

30 Sua posteridade foi destruída desde Hesbom até Dibom. Nós os aniquilamos pelo fogo desde Nofá até Medeba!

wakhe, waya eJaza entlango, wawahlasela amaSirayeli.

24Kodwa ke amaSirayeli alwa alalis' ugodo, aloyisa utshaba ada awuthimba umhlaba walo, ukusukela kumlambo iAnoni ngasentla, ukuya kwiJabhoko; lelama-Amon ke elo. Kaloku umda wama-Amon wawukhuselwe.

25Ngoko ke amaSirayeli azithatha zonke izixeko zama-Amori, ngokunjalo neHeshbhon needolophu eziyingqongileyo, aza ema kuzo.

26IHeshbhon le ke yayisisixeko esilikomkhulu likaSihon, ukumkani wama-Amori. Wayelwe nokumkani wamandulo waseMowabhi, waza wawuhlutha umhlaba wakhe ukuya kuma ngomlambo iAnoni.

27Kuthe ke kwakuba nje zadanduluka iimbongi zathi: "Sangena ke thina boonomthina eHeshbhon, tsotsololo phakathi kwisixeko sikaSihon ukumkani! Hayi kambe, masisivuse sime ngeenyawo.

28Andithi na kanene kwalapha kuwe, sixekondini Heshbhon, yayisakuphum' imikhosi kaSihon, ilenya njengomlilo? Yadangazela yaleny' isixekw' iAra kwaMowabhi, yazitshayel' iinduli ezingunozala weAnoni.

29Mawoo! Lixubayele kuwe, Mowabhi! Banquli bakaKemoshe, aphelil' amahlathi! Kalok' ubayekil' oonyana bakhe baziimbacu, iintombi zangamaxhoba kaSihon, ukumkani wama-Amori.

30Kunamhlanje nje isizukulwana sibhangile kusukela eHeshbhon kuye kuthi gaa ngeDibhon; sivuthulule eNofa, sada saya kuthi xhaxhe ngeMedebha."

[31] Assim, os israelitas habitaram na terra dos amorreus.
[32] Depois Moisés mandou pessoas para espionar a cidade de Jazar. Em seguida conquistaram os povoados que ficavam ao redor de Jazar e expulsaram todos os amorreus que moravam ali.
[33] Então o povo de Israel retornou e subiu pelo caminho de Basã, e Ogue, rei de Basã, com todo o seu exército, marchou para enfrentá-los em Edrei.
[34] E Yahweh encorajou Moisés, dizendo: "Não temas! Eis que já o entreguei em tuas mãos, ele, o seu povo e toda a sua terra. Tratá-lo-ás da mesma maneira que trataste Seom, rei dos amorreus, que habitava em Hesbom!"
[35] Foi assim, portanto, que os israelitas mataram Ogue, seus filhos e todo o seu povo; não sobreviveu uma só pessoa. E tomaram posse da terra deles.

Números 22

Balaque e Balaão

[1] Então os israelitas partiram e acamparam nas campinas de Moabe, a leste do rio Jordão, nas proximidades de Jericó, que se situava no outro lado do rio.

[2] Balaque, filho de Zipor, viu tudo o que Israel fizera contra os amorreus,

[3] e Moabe tomou-se de pânico diante desse povo, pois era muito numeroso. Moabe teve grande preocupação e receio dos filhos de Israel.
[4] Então os moabitas disseram aos líderes de Midiã: "Eis essa multidão, que devora tudo

[31]Aba ngaloo ndlela ke amaSirayeli ayawuma umhlaba wama-Amori.
[32]UMosis wathumela iintlola, zaya kujonga indlela yokuhlasela isixeko iJazere. Ngenene ke amaSirayeli ayihlasela iJazere needoluphu eziyingqongileyo, bawagxotha ama-Amori awayemi apho kuzo.
[33]Ke kaloku amaSirayeli ajika ajonga eBhashan. UOgi, ukumkani waseBhashan, waphuma nomkhosi wakhe, wawahlasela e-Edreyi.
[34] UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi: "Ungaxhali wena; naye lo ndiza kumenza abe lixhoba lakho ndawonye nomkhosi nomhlaba wakhe. Qhuba kwangalaa ndlela wawenze ngayo kuSihon ukumkani wama-Amori owayehlala eHeshbhon."
[35]Ngoko ke amaSirayeli ambulala uOgi noonyana bakhe, ngokunjalo nabo bonke abantu bakhe, akashiya nempunde le. Ke wona loo mhlaba wakhe ema kuwo.

Eyasentlango 22

UBhalaki uthumela uBhalam

[1]Ke kaloku amaSirayeli anduluka, aza aya kumisa kumathafa aseMowabhi, kwimpuma yeJordan, malunga neJeriko.

[2]Uthe ke uBhalaki, ukumkani waseMowabhi, unyana kaZipore, akuziva izigigaba zamaSirayeli phakathi kwama-Amori,

[3]akubuqonda nobungakanani bawo, suka yena nabantu bakhe bankwantya.

[4]Ke amaMowabhi athetha neenkokheli zamaMidiyan, athi: "Eli hlokondiba losuka

ao redor de nós, como o boi devora a erva do campo!" Em seguida Balaque, filho de Zipor, rei de Moabe naquela época,

livuthulule nje konke kule ngingqi yethu, kanye oku kwenkunzi yenkomo igramza ingca edlelweni." Ngoko ke ukumkani uBhalaki

5 mandou seus emissários para chamar Balaão, filho de Beor, que estava em Petor, que fica próximo do Eufrates, o grande Rio, em Amave, sua terra natal. E a mensagem de Balaque solicitava: "Eis que o povo que saiu do Egito cobriu toda a terra; estabeleceu-se diante de mim.

5wathumela kuBhalam unyana kaBhehore owayesePetore ngakumlambo iEfrati, kumhlaba wamawabo. Umyalezo lowo wawusithi: "Ndiyakwazisa ukuba kukho isizwe esifikileyo apha siphuma eJiputa. Abantu baso banwenwele kulo lonke eli, futhi sebefike kwimida yam.

6 Vem, portanto, eu te suplico, e amaldiçoa por mim esse povo, pois eles são mais poderosos do que eu. Assim poderemos derrotá-los e expulsá-los da terra. Porquanto eu o sei muito bem: aquele que tu abençoas é abençoado, mas aquele a quem tu amaldiçoas fica amaldiçoado!"

6Ngokwamanani bangaphezu kwethu; ngoko ke nceda uze kubaqalekisa. Mhlawumbi xa ubaqalekisile singanako ukuboyisa, sibadudule baphume kweli lizwe. Kaloku ndiyazi ukuba xa uthe wabathamsanqela abantu, bayathamsanqeleka; ukanti xa uthe waqalekisa, abantu bahlelwa lishwangusha."

7 Os anciãos de Moabe e os de Midiã partiram, levando consigo a quantia necessária para pagar os augúrios e maldições. Assim que chegaram, comunicaram a Balaão o que Balaque havia pedido.

7Zasuka ke iinkokheli zamaMowabhi nezamaMidiyan zahamba ziphethe intlawulo kaBhalam. Zakufika kuye zawugqithisa umyalezo kaBhalaki.

8 Instrui-os Balaão: "Ficai aqui esta noite e eu vos trarei a resposta que o Eterno me der!" E os príncipes de Moabe permaneceram com ele.

8UBhalam wathi kuwo la madoda: "Lalani. Mna ndonazisa ngomso into endiyixelelwe nguNdikhoyo." Ngenene ke amatshawe amaMowabhi alala apho kwaBhalam.

9 Eis que veio Deus a Balaão e lhe indagou: "Quem são esses homens que estão contigo?"

9UThixo wafika, wabuza uBhalam, wathi: "Ngoobani la madoda unawo apha?"

10 E Balaão respondeu a Deus: "Balaque, filho de Zipor, rei de Moabe, enviou-me esta mensagem:

10Ke yena waphendula wathi: "UBhalaki, ukumkani waseMowabhi, unyana kaZipore, uthumele kum, wathi:

[11] 'Eis que o povo que saiu do Egito cobriu toda a terra; estabeleceu-se diante de mim. Vem, portanto, eu te suplico, e amaldiçoa por mim esse povo; assim poderei combatê-lo e expulsá-lo!"

[12] Então Deus ordenou a Balaão: "Não irás com eles. Não poderás amaldiçoar esse povo, pois é povo abençoado!"

[13] Ao raiar do dia Balaão levantou-se e disse aos líderes de Balaque: "Tornai à vossa terra, pois o Eterno recusa deixar-me ir convosco!"

[14] Levantaram-se os príncipes de Moabe e voltaram para Balaque e lhe deram a notícia: "Balaão recusou-se a vir conosco!"

[15] Balaque enviou de novo outros príncipes, em maior número e mais importantes do que os primeiros.

[16] Foram ter com Balaão e lhe comunicaram: "Assim falou Balaque, filho de Zipor: Eu te suplico, não recuses vir ter comigo!

[17] Pois te concederei grandes honrarias, e tudo o que me disseres eu farei. Portanto, vem depressa e amaldiçoa por mim este povo!"

[18] Balaão deu aos emissários de Balaque a seguinte resposta: "Ainda que Balaque me desse seu próprio palácio, repleto de prata e ouro, eu não poderia transgredir uma ordem expressa do SENHOR, meu Deus, de forma alguma, quer em relação a uma situação menos grave ou mais grave.

[19] Agora, pois, descansai aqui esta noite, vós também, a fim de que eu possa tentar descobrir se o SENHOR tem mais alguma orientação a dizer-me."

[11]'Kukho isizwe esifikileyo siphuma eJiputa. Ngoku sinwenwela kuwo wonke umhlaba. Yiza usiqalekise eso sizwe, khon' ukuze ndibe nako ukusoyisa ndisidudule simke.' "

[12]UThixo wathi kuBhalam: "Uze ungahambi nala madoda; uze ungabaqalekisi abo bantu, kuba bathamsanqelekile."

[13]Ngengomso ke uBhalam wabandulula abathunywa bakaBhalaki, wathi: "Buyelani ezweni lenu, kuba uNdikhoyo akavumi ukuba ndihambe nani."

[14]Ngoko ke bagoduka, bafika bamxelela uBhalaki ukuba uBhalam walile ukuhamba nabo.

[15]Ngoku ke uBhalaki waphinda wathumela iqela leenkokheli ezaziwayo elikhulu kuneliya.

[16]Zaya kuBhalam, zafika zathi: "UBhalaki unyana kaZipore uthi mawuncede uye kuye, ungavumeli nasiphi na isithintelo,

[17]kuba uza kukuhlawula, waye uzimisele ukukwenzela nayiphi na into oyifunayo. Ngoko ke nceda uye kuqalekisa abaya bantu."

[18]Kambe ke uBhalam waphendula wathi: "Noba uBhalaki ubeza kundinika ibhotwe lakhe lizele yigolide nesiliva bendingeze ndawaphula umyalelo kaNdikhoyo uThixo wam.

[19]Kodwa ke nani khanilale kwanjengabanye abaya, ukuze ndiphinde ndibuzise, hleze uNdikhoyo andinike myalelo wumbi."

[20] Então veio Deus a Balaão durante a noite e lhe ordenou: “Não vieram essas pessoas para te chamar? Levanta-te e vai com eles. Entretanto, não farás senão exatamente aquilo que Eu te orientar!”

[21] Bem cedo, levantou-se Balaão, selou sua jumenta e partiu com os príncipes de Moabe.

[22] Sua partida provocou a ira de Yahweh e o Anjo do SENHOR colocou-se na estrada, para barrar-lhe a passagem. Ele montava sua jumenta, e seus dois servos o acompanhavam.

[23] A jumenta viu o Anjo do SENHOR parado na estrada, com sua espada desembainhada na mão; desviou-se, portanto, da estrada, em direção ao campo. Balaão, contudo, espancou a jumenta para fazê-la voltar a sua jornada na estrada.

[24] Então o Anjo do SENHOR se pôs em um caminho estreito, no meio das vinhas, com um muro à direita e outro à esquerda.

[25] A jumenta viu novamente o Anjo do SENHOR e encostou-se no muro, apertando neste o pé de Balaão. Ele, sem refletir, tornou a bater na jumenta.

[26] O Anjo do SENHOR mudou de lugar e indo adiante, colocou-se em uma passagem ainda mais estreita, onde não havia espaço para desviar-se, nem para a direita nem para a esquerda.

[27] Assim que a jumenta avistou o Anjo do SENHOR, prostrou-se ao chão com Balaão sobre seu dorso. Balaão ficou muito irado e

[20]Ngobo busuku uThixo wafika kuBhalam, wathi: “Njengoko la madoda eze kukulanda nje, lungisa uhambe nawo. Kambe ke uze wenze loo nto ndikuxelela yona.”

[21]Ngentsasa elandelayo ke uBalam wabopha idonki yakhe, wakhwela, wahamba nezo nkokheli zamaMowabhi.

UBhalam nedonki yakhe

[22]Uthe ke uBhalam akuba ehamba, suka wavutha ngumsindo uThixo. Wayesahamba njalo ekhwele kuloo donki yakhe enezicaka zakhe ezibini, suka isithunywa sikaNdikhoyo saxaba endleleni yakhe.

[23]Idonki ithe yakusibona isithunywa eso sixabile endleleni, siphethe ikrele, yacebuka endleleni, yangena emasimini. Suka ke uBhalam wayibetha, wayibuyisela endleleni.

[24]Ngoku ke isithunywa eso sema apho indlela imxinwa khona phakathi kwezidiliya ezibini, kwaye kukho uthango lwamatye ngapha nangapha.

[25]Idonki leyo ithe yakusibona isithunywa eso, yayama uthango olo, latsho lagruzuka unyawo lukaBhalam. Kwakhona uBhalam wayibetha idonki leyo.

[26]Kwakhona isithunywa sahambela phambilana, safika sema apho indlela yayimxinwa kangangokuba kungabikho sithuba sakudlula ngapha nangapha.

[27]Kwesi ke isihlandlo idonki ithe yakusibona isithunywa eso yalala phantsi. UBhalam wacaphuka, waza wayingena ngenduku idonki yakhe.

começou a espancar violentamente a jumenta a golpes de cajado.

28 Então Yahweh fez que a jumenta falasse, e ela disse a Balaão: “Que te fiz eu, para me teres espancado já por três vezes?”

29 Diante disso, Balaão respondeu à jumenta: “Ora, é porque zombaste de mim!” Se eu tivesse uma espada na mão já te haveria matado!”

30 Então ponderou a jumenta a Balaão: “Não sou eu a tua jumenta, que te serve de montaria toda a vida e até o dia de hoje? Tenho eu o costume de agir assim contigo? Ao que respondeu ele: “Não...”

31 E, nesse momento, Yahweh abriu os olhos de Balaão. E ele pode contemplar o Anjo do SENHOR posicionado no caminho, empunhando sua espada. Então Balaão inclinou sua cabeça e prostrou-se com o rosto rente ao chão.

32 E questionou-o o Anjo do SENHOR: “Por que espancaste assim tua jumenta, já por três vezes? Sou Eu que vim barrar-te a passagem; pois com minha presença não podes prosseguir tua jornada.

33 A jumenta avistou-me e, por causa da minha presença, procurou mudar sua trajetória, por três vezes. De fato foi bom para ti que ela se desviasse, pois senão, Eu mesmo já o teria matado. A ela, todavia, Eu teria poupado a vida!”

34 Balaão desagravou-se diante do Anjo do SENHOR: “Pequei. Não percebi que tu

28Kwesi sithuba ke uNdikhoyo wayenza ukuba ikwazi ukuthetha idonki leyo, yaza ke yathetha yathi kuBhalam: “Kodwa kodwa ndikwenze ntoni? Yintoni kanye ondibethela yona kwezi zihlandlo zozithathu?”

29UBhalam waphendula wathi: “Kungoba uyandibhanxa! Ndiswele nje ikrele, ngendikubulele.”

30Idonki yaphendula yabuza yathi: “Andithi na kanene ndiyidonki yakho, le yasoloko ikuthwala bonke ubomi bakho? Ke, kukangaphi ndikuphatha ngolu hlobo?” UBhalam waphendula wathi: “Zange nakanye.”

31UNdikhoyo ke wenza ukuba uBhalam asibone isithunywa eso sixabe endleleni siphethe ikrele. Akusibona ke, waziphosa phantsi ngobuso.

32Isithunywa sabuza sathi: “Ubuyibethela ntoni kangaka le donki yakho kude kube kathathu? Ndize kukunqanda, kuba uzifaka engozini ngolu hambo.

33Ke yona idonki yakho indibonile, yaza yaphambuka kwada kwakathathu. Ukuba ibingaphambukanga ngendikubulele ndasindisa kwayona.”

34UBhalam waphendula wathi: “Hayi, ndonile. Bendingaqondi ukuba uxabile

estavas posicionado no caminho para me impedires de prosseguir minha jornada. Agora, se o que estou empreendendo não te agrada, voltarei para meu lugar!”

endleleni yam, kambe ke ngoku xa ubona ukuba akufanelekanga ukuba ndihambe, ndiyajika, ndiyagoduka.”

35 Então o Anjo do SENHOR instruiu Balaão: “Vai com esses homens. Somente não digas absolutamente nada além daquilo que Eu te mandar dizer!” Balaão seguiu com os príncipes emissários de Balaque.

35Ke sona isithunywa sathi kuye: “Hayi, sowuhamba nala madoda; kodwa ke uze uthethe loo nto ndithi thetha yona.” Ngoko ke uBhalam wahamba nazo iinkokheli zakwaBhalaki.

UBhalaki wamkela uBhalam

36 Assim que Balaque soube que Balaão estava chegando, foi a seu encontro em Ar, cidade nos limites do rio Amom, na fronteira de Moabe.

36UBhalaki uthe akuva ukuba uBhalam uyeza, wamhlangabeza, wadibana naye kwisixeko esiphezu komlambo iAnoni, kumda welaseMowabhi.

37 E Balaque o questionou: “Porventura não enviei mensageiros para chamar-te? Por qual motivo não vieste a mim da primeira vez? Na verdade, não estou eu em plena condição de recompensar-te regiamente?

37UBhalaki wambuza wathi: “Kwakutheni ukuze ungezi ngokuya ndandikuthumele kuqala? Ngaba wawukrokrela ukuba sobe ndibe nako ukukuhlawula?”

38 Balaão explicou-se a Balaque: “Eis-me aqui, junto de ti! Contudo, quem sou eu para dar-te alguma palavra que o próprio Deus não coloque em minha boca?” Portanto, a palavra que Deus puser em minha boca, esta eu expressarei!”

38UBhalam waphendula wathi: “Andithi na kaloku ndizile? Kambe ke gunya lini endinalo? Hayi kaloku, ndothetha loo nto athi mandiyithethe uThixo.”

39 Balaão partiu com Balaque. E chegaram a Kiriat Hutsot, a cidade de Hozote,

39Ngoko ke uBhalam wahamba noBhalaki, baya eKiriyati-huzoti.

40 onde Balaque ofereceu em sacrifício touros e ovelhas e deu uma parte da carne a Balaão e aos príncipes que estavam com ele.

40UBhalaki waxhela iinkabi zeenkomo ndawonye neegusha, wamkela uBhalam nezo nkokheli wayehamba nazo.

Intetho yokuqala kaBhalam

41 Na manhã seguinte Balaque levou Balaão até o alto de Bamote Baal, de onde podiam avistar uma parte do povo de Israel.

41Ngengomso ke uBhalaki wamthatha uBhalam, wamsa eBhamoti-bhali, apho wayeza kuba nako ukubona inxalenye yamaSirayeli.

Números 23

Balaque edifica sete altares

Eyasentlango 23

[1] Então Balaão disse a Balaque: “Edifica-me aqui sete altares e prepara-me sete novilhos e sete carneiros!”

[2] Balaque fez como Balaão tinha dito, e os dois ofereceram em sacrifício um touro novo e um carneiro em cada altar.

[3] Aí Balaão disse a Balaque: “Permanece aqui, de pé, próximo dos teus holocaustos, enquanto eu vou até ali. Talvez o SENHOR me permita encontrá-lo. Aquilo que Ele me revelar, de igual modo te farei saber”. E retirou-se para o alto de uma colina desnuda.

[4] Ali Deus veio ao encontro de Balaão, que disse a Deus: “Preparei sete altares e ofereci em holocausto um novilho e um carneiro sobre o altar!”

[5] Yahweh então colocou em sua boca uma palavra e ordenou: “Volta para junto de Balaque e assim lhe transmitirás”.

[6] Assim, Balaão retornou e encontrou Balaque ainda perto da sua oferta queimada, ele com todos os príncipes de Moabe.

[7] Foi quando Balaão pronunciou este oráculo em forma de poema: “Balaque me fez vir de Arã, o rei de Moabe buscou-me nas montanhas do oriente. ‘Vem, amaldiçoa por mim a Jacó, Vem e declara ameaças contra Israel!’

[8] Todavia, como amaldiçoaria eu, aquele a quem Deus não amaldiçoou? Como posso pronunciar condenação sobre aquele que o SENHOR não quis condenar?

[1]UBhalam waxelela uBhalaki ukuba akhe amaqonga amadini apho abe sixhenxe, aze amzisele isixhenxe seenkunzi zeenkomo ngokunjalo nesixhenxe seenkunzi zeegusha.

[2]UBhalaki wenza ngokomyalelo lowo, baza ke noBhalam banikela inkunzi yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

[3]UBhalam ke washiya uBhalaki kuloo ndawo, wathi kuye: “Yima ngakweli dini litshiswayo, ngeli lixa mna ndiza kukhe ndithi gu. Mhlawumbi uNdikhoyo uza kudibana nam. Ndiya kukwazisa nasiphi na isityhilelo andinika sona.” Wahamba ke, wenyuka inkqantosi yenduli.

[4]UThixo ke wadibana naye, uBhalam wathi: “Ndakhe amaqonga asixhenxe; kulo ngalinye ndenze idini ngenkunzi yenkomo neyegusha.”

[5]UNdikhoyo ke waxelela uBhalam oko makakuthethe, wathi: “Buyela kuBhalaki, umazise oku.”

[6]Ekubuyeni kwakhe ke wamfumana uBhalaki esemi apho ngakwidini elitshiswayo, enezo nkokheli zamaMowabhi.

[7]UBhalam ke wathetha la mazwi andilisekileyo, wenjenje: “Ukumkani uBhalaki wamaMowabhi undisuse kwelama-Aram; undiphuthume kwiintaba ezisempumalanga. Uthe: ‘Yiza ushwabulele uYakobi egameni lam. Yiza kaloku, umqalekise uSirayeli.’

[8]Xa bendingubani ke mna ukuba ndiqalekise ongaqalekiswanga nguThixo, ndambathise ngeshwangusha ongashwatyulelwanga nguNdikhoyo?

[9] Sim, do cume do rochedo eu o vejo, do alto das colinas eu o contemplo. Eis um povo que vive separado e não se considera como qualquer nação.

[10] Quem poderia contar o pó de Jacó? Quem poderia enumerar a quarta parte de Israel? Que morra eu a morte dos justos que há entre eles, E seja o fim da minha alma como o deles!"

[11] Então Balaque inquiriu a Balaão: "Que me fizeste! Eu te chamei para amaldiçoar os meus inimigos e tu declaras bênçãos sobre eles!"

[12] E Balaão contestou-o: "Não devo eu tomar cuidado de dizer tão somente aquilo que Yahweh me coloca na boca?"

[13] Balaque lhe pede: "Vem, pois, comigo a outro lugar. Este povo que vês daqui, não vês dele senão uma pequena parte, não o vês de modo completo. Amaldiçoa-o por mim ao chegares lá adiante!"

[14] Então levou-o para Zofim, o campo dos mirantes, no topo do monte Pisga. Ali construiu mais sete altares e ofereceu em holocausto um novilho e um carneiro sobre cada altar.

[15] Balaão solicitou a Balaque: "Permanece de pé junto dos teus holocaustos, enquanto irei me encontrar com Ele ali adiante!"

[16] Deus veio ao encontro de Balaão e pôs em sua boca uma palavra e ordenou: "Volta para junto de Balaque e assim lhe falarás".

[17] Retornou então para junto de Balaque; encontrou-o ainda de pé junto dos seus holocaustos, com todos os principais líderes

[9]Kaloku nanko ndimbona ndisencochoyini yeentaba; nanko ndimbukele ndiphezu kweenduli. Ewe, luhlanga olungumth' uzimele; lona aluzibandakanyi nezinye izizwe.

[10]Izizukulwana zikaYakobi yintlaninge njengentlabathi. Ngubani ke ongamcukucezayo ambale uSirayeli? Hayi bo! Masendisifa ukufa kwelungisa. Ewe, isiphelo sam masibe njengesabakhe."

[11]UBhalaki wabuza uBhalam wathi: "Yintoni le undenza yona? Ndingakuzisa apha ukuba uqalekise iintshaba zam, uze usuke wena uzithamsanqele!"

[12]Waphendula ke yena wathi: "Mandingakuthethi oko ndikuxelelwe nguNdikhoyo?"

Intetho yesibini kaBhalam

[13]Ke kaloku uBhalaki wathi kuBhalam: "Hamba siye kwenye indawo apho unokubona inxalenye yamaSirayeli kuphela, uze ke uthi ulapho uwaqalekise."

[14]Waya naye kwintsimi kaZofim phezu kwentaba iPisga. Nalapho ke wenza amaqonga asixhenxe, waza wanikela ngenkunzi yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

[15]UBhalam wathi kuBhalaki: "Yima ngakweli dini litshiswayo, ngeli lixa mna ndiye kuhlangana naye qelele."

[16] UNdikhoyo ke wadibana noBhalam, wathi: "Buyela kuBhalaki, uthethe naye wenjenje."

[17]Wabuyela kwakuBhalaki ke, waza wamfumana esemi ngakwelo dini litshiswayo ndawonye neenkokheli

de Moabe. “Que te falou Yahweh?”, indagou-lhe Balaque.

zamaMowabhi. UBhalaki ke wambuza wathi: “Utheni uNdikhoyo?”

As profecias de Balaão

18 E Balaão declarou sua palavra profética em forma de poema: “Levanta-te, Balaque, e escuta! Inclina o teu ouvido, filho de Zipor.

18Waza ke yena uBhalam wathetha la mazwi andilisekileyo, wenjenje: “Hoyina ke, Bhalaki, khawubaz' iindlebe; khawundiphulaphule, nyana kaZipore!

19 Deus não é ser humano, para que minta, nem filho de Adão, para que se retrate. Acaso Ele promete, e deixa de cumprir? Afirma que faz e não realiza?

19UThixo yena akamntu; akaxoki, akaguqu-guquki okomntu. Akakufezekisi na akuthembisileyo? Akakuphumelelisi na akuthethileyo?

20 Portanto, recebi uma ordem para abençoar; Ele abençoou, e não posso mudar isso.

20Nangoku ke kuthiwa mandithi jize ngentsikelelo; ethamsanqele nje yena, mna andinakulicima.

21 Ele não olhou para as ofensas de Jacó, nem para os erros encontrados em Israel! O Eterno, o Deus de Israel, está com eles; o brado de aclamação do Rei ressoa no meio desse povo.

21Akubonwa sikhwa kuYakobi; hayi, akubonwa shwangusha kwaSirayeli. UNdikhoyo uThixo wabo ungakubo; ewe, kuvakala intswahla kuba uKumkani uphakathi kwawo.

22 É Deus quem os está trazendo do Egito; eles têm a força de um touro selvagem.

22UThixo uwakhuphile eJiputa; iimpondo zakhe zibaze okwenyathi.

23 Não há feitiçaria que tenha poder contra Jacó, nem magia alguma contra Israel. De agora em diante se proclamará de Jacó e de Israel: ‘Vê tudo quanto Deus tem realizado!’

23Nemilingo ingabuya nemband' esikhova kuYakobi; nabuqili nabugqwirha buza ze kuSirayeli. Yona ngundaba-mlonyeni ngoYakobi noSirayeli, kusithiwa: ‘Khawubone ke imisebenzi kaThixo!

24 Eis que este povo levanta-se como leoa; ergue-se como leão, que não descansa enquanto não devora sua presa, nem se deita até que tenha bebido o sangue de suas vítimas!”

24Khawukhangele ke olu hlanga! Lucondoba njengemaz' engonyama; luvungama okwengwanyalal' engonyama. Aluphumli lungazenzang' iziqweng' utshaba, luze lulithi qongqololo igazi lamaxhoba!' ”

25 Então Balaque roga a Balaão: “Se tu não podes amaldiçoar este povo, que assim seja! Pelo menos não o abençoes!”

25UBhalaki wabhekisa kuBhalam wenjenje: “Xa usala ke ukuwaqalekisa la maSirayeli musa ukuwathamsanqela!”

26 Balaão, no entanto, retrucou a Balaque: “Não te havia afirmado: ‘tudo o que Yahweh ordenar, eu o farei?”

26UBhalam waphendula wathi: “Andithi na kanene ndikuxelele ukuba mna ndenza loo nto ndiyixelelwa nguNdikhoyo kuphela?”

Intetho yesithathu kaBhalam

[27] Então Balaque insistiu e convidou Balaão: "Vem, pois, comigo e eu te levarei a outro lugar. E de lá talvez Deus se agrade que amaldiçoes esse povo!"
[28] Balaque conduziu Balaão ao cume do monte Peor, no lado que dá para o deserto.

[29] Balaão então instruiu a Balaque: "Edifica-me aqui sete altares e prepara-me sete touros novos e sete carneiros!"

[30] Balaque fez outra vez tudo conforme Balaão o orientara e ofereceu em holocausto um novilho e um carneiro sobre cada altar.

Números 24

[1] Desta vez Balaão percebeu que o SENHOR muito se comprazia em abençoar Israel. Por esse motivo não recorreu, como nas outras vezes, a advinhações e magias, mas voltou sua face para o deserto.
[2] Então viu todo o povo de Israel acampado, tribo por tribo; e o Espírito de Deus veio sobre ele,

[3] e ele proclamou esta profecia em forma de poema: "Oráculo de Balaão, filho de Beor, palavra daquele cujos olhos veem nitidamente,

[4] palavra daquele que ouve as palavras de Deus, daquele que contempla a visão que vem de Shaddat, o Todo-Poderoso, daquele que cai prostrado, mas seus olhos enxergam com clareza:
[5] Quão admiráveis são as tuas tendas, ó Jacó! E formosas as tuas moradas, ó Israel!

[27]UBhalaki waphinda wathetha noBhalam, wathi: "Hamba siye kwenye indawo. Mhlawumbi uThixo angakuvumela uwaqalekise amaSirayeli xa ukuloo ndawo."
[28]Ngoko ke wamsa phezu kwentaba iPehore evelele intlango.
[29]UBhalam wathi: "Yenza amaqonga abe sixhenxe apha, futhi uze nesixhenxe seenkunzi zeenkomo ngokunjalo nezeegusha."
[30]Ngenene ke uBhalaki wenza ngokomyalelo kaBhalam, wanikela ngenkunzi yenkomo neyegusha kwiqonga ngalinye.

Eyasentlango 24

[1]Ngeli xesha ke uBhalam wayeseleqonda ukuba uNdikhoyo uzimisele ukumthamsanqela uSirayeli, ngoko ke akabanga sabhenela kwimilingo njengangaphambili. Wajonga ngasentlango,
[2]waza wawabona amaSirayeli eqokelelene izindlu ngezindlu. Wasuka ke wonganyelwa nguMoya kaThixo;
[3]waza wadanduluka wathetha kwavokotheka wenjenje: "Nal' udaba olundilisekileyo lukaBhalam, unyana kaBhehore, amazwi andilisekileyo omfo obona cacileyo,

[4]izihlabo zomfo owevayo amazwi kaThixo, othwetyulweyo, kambe ethe ntsho ngamehlo, walamile, unombono kaSomandla.

[5]Hay' ubuhle beentente zikaYakobi! Ewe, athe dwe amanqugwala kaSirayeli!

[6] Como vales que se estendem, como jardins que margeiam os rios, como plantas perfumadas e medicinais que Yahweh plantou, como cedros junto às águas cristalinas!

[7] Israel terá muita água para beber e para regar suas sementeiras. Seu rei será mais poderoso que Agague, e o seu reino será exaltado!

[8] Deus os libertou do Egito e os vem comandando; eles têm a força dos búfalos mais fortes. Devoram nações inimigas e despedaçam seus ossos; com suas flechas certeiras os atravessam.

[9] Como o leão e a leoa soberanos, quando repousam, quem ousará despertá-los? Portanto, sejam abençoados os que os abençoarem, e amaldiçoados os que os amaldiçoarem!"

[10] Então, imediatamente, acendeu-se a ira de Balaque contra Balaão e, batendo as palmas da mão, ordenou: "Chamei-te para amaldiçoares os meus inimigos e eis que tu os abençoas e já por três vezes seguidas!

[11] Agora, pois, foge e vai para o teu lugar. Disse que te cobriria de honra e bens. Contudo, o SENHOR te privou delas!"

[12] Mas Balaão contestou Balaque: "Não disse eu aos teus mensageiros:

5Kodwa ke xa athe akuva ngale nyewe uyise, wala ukuba isifezekise eso sithembiso, ayisabophelelekanga kuso. UNdikhoyo uya kuyixolela, kuba yalelwe nguyise ukuba mayisifezekise.

6“Kambe ukuba intombi yenze isithembiso, iqonda okanye ingaqondi, mhlawumbi yafungela ukuzila into ethile, yaza ke kamva yenda,

[7] e o seu marido tomar conhecimento, mas nada lhe disser no dia em que ficar sabendo, então os seus votos ou compromissos pelos quais ela se obrigou permanecerão válidos e necessário lhe será cumprir plenamente a palavra empenhada.

[7]ke yena wathi akusiva umyeni wayo akathetha nto, isifungo eso okanye isithembiso sohlala siyibophile.

[8] Contudo, se no dia em que ficar sabendo deste fato, o seu marido lhe fizer oposição, proibindo-lhe de cumprir o prometido, então o voto é declarado nulo, e ela não precisará cumprir o compromisso firmado ou a promessa precipitada. O SENHOR a perdoará.

[8]Kodwa ke ukuba ithe yakuva ngesi sifungo indoda yayo yasichasa eso sifungo okanye isithembiso, siya kuba sitshitshile; futhi ke xa kunjalo noNdikhoyo uya kuyixolela.

[9] Qualquer voto ou palavra empenhada por uma viúva ou por uma mulher divorciada será válido e exigido será o seu cumprimento diante de Deus.

[9]“Ke yena umhlolokazi okanye umfazi owahlukene nendoda yakhe, xa ethe wenza isithembiso okanye isifungo, uya kunyanzeleka ukuba asifezekise.

[10] Se uma mulher que vive com o seu marido fizer um voto ou empenhar sua palavra por juramento a um compromisso,

[10]“Ke ukuba umfazi owendileyo wenze isithembiso okanye isifungo,

[11] e se o seu marido tomar conhecimento, mas nada lhe disser, tampouco lhe proibir o cumprimento da promessa firmada, então todos os votos ou compromissos pelos quais ela se obrigou permanecerão válidos e exigido será o seu total cumprimento.

[11]yaza yathi yakuyiva loo nto indoda yakhe ayathetha nto, ayasichasa eso sithembiso okanye isifungo, uya kunyanzeleka ukuba asifezekise.

[12] Contudo, se o marido os anular assim que ficar sabendo deles, então nenhum dos votos e promessas que saíram dos seus lábios manterá a sua validade. Seu marido tem autoridade para anular a obrigação do cumprimento destes votos e juramentos. E o SENHOR a livrará.

[12]Kambe ke ukuba ithe yakusiva eso sifungo indoda yakhe yasichasa, soba sitshitshisiwe eso sithembiso okanye isifungo, kuba kaloku indoda yakhe imalele ukuba asifezekise; ngoko ke noNdikhoyo uya kumxolela.

[13] Portanto, o marido poderá confirmar ou anular qualquer promessa, voto ou compromisso que obrigue sua mulher a jejuar ou humilhar-se.

[13]Indoda inelungelo lokusixhasa okanye isichithe isithembiso nokuba sisifungo esenziwe ngumfazi wayo.

[14] Entretanto, se o marido não lhe orientar a respeito deste compromisso assumido por ela até o dia seguinte após haver tomado conhecimento do fato, com este gesto confirma a necessidade de que ela pague todos os seus votos e promessas pelos quais empenhou sua palavra. Assim, o marido os confirma mediante o silêncio, por nada lhe ter dito quando soube do ocorrido.

[14]Ukuba ke indoda leyo ithe yakuva ngeso sifungo yathatha ithuba ingathethi nto, yoba iyasixhasa eso sithembiso okanye isifungo azibophe ngaso umfazi wayo; ewe, yoba isixhasile xa ingathethanga nto yakuba ivile ngaso.

[15] Se, contudo, o marido os anular algum tempo depois de ouvi-los, ele sofrerá todas as consequências que seriam devidas por parte de sua mulher!”

[15]Phofu ke ukuba ithule yathula yajika ngengomso yasitshitshisa eso sifungo, ityala lokungafezekiswa kwaso loba semagxeni ayo.”

[16] São estes os estatutos e ordenanças que Yahweh ordenou a Moisés a respeito do relacionamento entre um marido e sua esposa, e entre um pai e sua filha moça que ainda vive sob a responsabilidade da casa paterna.

[16]Nantso ke imimiselo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo mayela nendoda nomfazi wayo, ngokunjalo mayela nentombi ekowayo.

Números 31

A vitória sobre os midianitas

[1] Então Yahweh falou a Moisés:

[2] “Vinga os filhos de Israel nos midianitas pelo mal que estes fizeram aos israelenses. Depois desta batalha tu serás chamado a reunir-te aos teus antepassados!”

[3] Ordenou, portanto, Moisés ao povo: “Armem-se alguns dentre vós para a batalha do SENHOR que se avizinha contra Midiã, a fim de pagar aos midianitas o preço da vingança de Yahweh.

[4] Enviareis à guerra mil homens de cada uma das tribos de Israel!”

[5] Os clãs de Israel enviaram doze mil guerreiros armados para a guerra, mil de cada tribo.

Eyasentlango 31

Imfazwe namaMidiyani

[1] UNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

[2]“Phambi kokuba ungabikho amaSirayeli makaziphindezele kumaMidiyani ngenxa yento awayenzayo.”

[3]Ngoko ke uMosis wayalela amaSirayeli, wathi: “Xhobisani amadoda omkhosi ukuze ahlasele amaMidiyani, aphindezele ngenxa kaNdikhoyo.

[4]Indlu nganye mayikhuphe iwaka lamadoda.”

[5]Indlu nganye ke yakhetha yakhupha iwaka lamadoda, aza ke ewonke alishumi elinambini lamawaka alibophe aligangatha.

[6] E Moisés os enviou à batalha, mil homens dos milhares de Israel, juntamente com Finéias, filho do sacerdote Eleazar, que levou consigo objetos do santuário e as trombetas para os toques solenes de aclamação.
[7] Lutaram então contra Midiã, conforme o SENHOR havia determinado a Moisés, e mataram todos os varões midianitas.

[8] Mataram ainda os cinco reis de Midiã: Evi, Requém, Zur, Hur e Reba. Da mesma forma mataram à espada Balaão, filho de Beor.

[9] Os filhos de Israel levaram cativas as mulheres dos midianitas com as suas crianças, e tomaram como despojo de guerra todos os rebanhos e bens dos filhos de Midiã.
[10] Queimaram as cidades em que habitavam, assim como todos os seus acampamentos.
[11] Em seguida tomaram todo os despojos, tudo que haviam capturado, incluindo pessoas e animais,
[12] e levaram os prisioneiros, homens e mulheres, e os despojos todos à presença de Moisés, ao sacerdote Eleazar e à comunidade de Israel, em seu acampamento, nas Campinas de Moabe, junto ao Jordão, na altura de Jericó.

A purificação dos soldados

[13] Moisés, Eleazar, o sacerdote, e todos os príncipes da comunidade saíram do acampamento ao encontro deles.

[14] Então, Moisés indignou-se contra os comandantes das forças, chefes de milhares

[6]UMosis ke wawukhupha lo mkhosi, uhamba nombingeleli uPineyasi unyana kaElazare. Yena waya edabini ephethe izitya ezingcwele namaxilongo okuhlaba umkhosi.

[7]Ngokomlomo kaNdikhoyo ke bawahlasela amaMidiyani, bawatshabalalisa onke amadoda,
[8]kunye neekumkani ezintlanu zamaMidiyani: uEvi, uRekem, uZure, uYuri, noRebha. Bambulala noBhalam unyana kaBhehore.

[9]AmaSirayeli athimba abafazi bamaMidiyani nabantwana bawo, ayithatha yonke imfuyo yawo, azenzela nakubutyebi bawo.

[10]Ke zona iidolophu nemizana azitshisa ngomlilo zonke.

[11]Amabanjwa nemfuyo nako konke ababekuthimbile bakuthatha

[12]bakusa kuMosis noElazare noSirayeli ephela. Bona ke babemise kumathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko.

Ukubuya komkhosi

[13]UMosis, noElazare, neenkulu zezindlu zamaSirayeli, baphuma baya kuhlangabeza umkhosi.
[14]UMosis wakhathazeka sisenzo sabaphathi neengqwayi-ngqwayi zamabutho namaqela awayevela emfazweni.

e chefes de centenas, que voltavam desta missão de guerra.

15 Questionou-lhes: “Por que deixastes com vida todas essas mulheres?

16 Foram elas que seguiram o conselho de Balaão e induziram os filhos de Israel a se perverterem contra Deus, o Eterno, no caso de Peor, de modo que uma praga feriu a congregação do SENHOR.

17 Agora, portanto, matai todas as crianças do sexo masculino. Matai igualmente todas as mulheres que tiveram relações sexuais.

18 Não conserveis com vida senão as meninas e as moças virgens; elas vos pertencem.

19 Quanto a vós, entretanto, acampai durante sete dias fora do arraial, todos vós que tendes matado alguém ou tocado um cadáver, tereis que vos purificar no terceiro dia e no sétimo dia, vós e vossos cativos;

20 purificai também todas as roupas, todos os objetos de couro, todos os tecidos de pêlo de cabra, todos os objetos de madeira!”

21 Eleazar, o sacerdote, orientou aos combatentes que retornavam da guerra, dizendo: “Este é um estatuto da Lei que o SENHOR ordenou a Moisés.

22 Contudo, o ouro, a prata, o bronze, o ferro, o estanho, o chumbo,

23 todos os elementos que resistem ao calor das chamas, fazei com que passem pela purificação por meio do fogo; todavia, será pelas águas lustrais, da purificação, que todos os objetos serão considerados completamente puros. E tudo aquilo que

15Wabuza wathi: “Ngani ukuba ningababulali aba bafazi?

16Senilibele ngoku ukuba yayingabafazi abâlandela icebo likaBhalam, baza bawawexula amaSirayeli, amvukela uNdikhoyo ePehore? Kaloku nantso into eyehlisela abantu bakaNdikhoyo ngobhubhani.

17Ngoko ke wabulaleni onke amakhwenkwe ngokunjalo nabafazi.

18Ke wona amantombazana kunye neentombi zigcineleni.

19Bonke ke kuni ababuleleyo nabathe bachukumisa izidumbu mabahlale ngaphandle komzi iintsuki zibe sixhenxe. Ngosuku lwesithathu nolwesixhenxe zihlambululeni ndawonye nâbo nibathimbileyo.

20Ngokunjalo ke hlambululani yonke into eyeyokunxiba, nayo yonke into eyenziwe ngofele, uboya bebhokhwe, okanye umthi.”

21Umbingeleli uElazare wathetha naloo madoda awayevela emfazweni, wathi: “Nantsi imimiselo enikelwe uMosis nguNdikhoyo.

22-23Uthe yonke into engatshiyo enjengegolide, isiliva, ubhedu, intsimbi, inkcenkce, okanye ilothe, mayihlanjululwe ngokufakwa emlilweni, ize ifakwe emanzini okuhlambulula. Izinto ezizezinye ke zona zohlanjululwa ngamanzi okuhlambulula kuphela.

não resiste ao fogo devereis fazer passar pelas águas purificadoras.

[24] Lavareis as vossas vestes no sétimo dia e ficareis puros. Depois, podereis entrar novamente no acampamento!”

A divisão da presa

[25] Então o SENHOR disse a Moisés:

[26] “Com Eleazar, o sacerdote, e os cabeças das tribos dos pais da congregação, faze a contagem dos despojos de guerra e dos cativos, tanto dos homens como dos animais.

[27] Dividirás, portanto, os despojos pela metade, entre os combatentes que foram à guerra e o conjunto da comunidade.

[28] Como tributo e louvor a Yahweh cobrarás, sobre a parte dos combatentes que lutaram na batalha, um para cada quinhentos, tanto de pessoas, como de bois e vacas, de jumentos e de ovelhas e cabras.

[29] Tomarás isso da metade que pertence aos guerreiros, e darás a Eleazar, o sacerdote, como porção destinada ao SENHOR.

[30] Da metade que pertence aos filhos de Israel tomarás um de cada cinquenta, tanto de pessoas, como de gado, de jumentos e de ovelhas, de todos os animais, e os darás aos levitas que têm a responsabilidade de zelar pela Habitação de Yahweh.

[31] Moisés e Eleazar, o sacerdote, fizeram tudo de acordo com as expressas instruções do SENHOR a Moisés.

[32] Ora, os despojos que restaram da presa tomada pelos guerreiros israelenses foram: 675.000 ovelhas e cabras,

[24]Ngosuku lwesixhenxe ke kofuneka nizihlambe iimpahla zenu; xa kunjalo ke noba nihlambulukile ngokusesikweni, nibe nako nokungena emzini.”

Ukwabiwa kwamaxhoba

[25] UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi:

[26]“Thatha uElazare neenkulu zezindlu zamaSirayeli, nibale yonke into eniyithimbileyo kunye namabanjwa nemfuyo.

[27]Onke amaxhoba lawo wahluleni kubini ngokulinganayo. Esinye isahlulo soba sesamajoni, esinye ke sibe sesebandla lonke.

[28]Kwisahlulo samajoni thathani umrhumo kaNdikhoyo; wona ke woba libanjwa elinye kwangamakhulu amahlanu. Nosebenzisa kwaloo mlinganiselo ke nakwimfuyo.

[29]Ezi zinto ke nozinika umbingeleli uElazare, zingumrhumo owodwa kaNdikhoyo.

[30]Ke kwisahlulo samaSirayeli thathani libe linye kumabanjwa angamashumi amahlanu, niqhube kwangaloo mlinganiselo ke nakwimfuyo. Ezi zinto ke zona zinikeni abaLevi abo balusa isibingelelo.”

[31]UMosis noElazare ke bazenza zonke ezi zinto ngokwelizwi likaNdikhoyo.

[32]Nalu ke uludwe lwamaxhoba awathinjwa ngumkhosi xa ewonke: amakhulu amathandathu namashumi asixhenxe anantlanu amawaka eegusha neebhokhwe;

[33] um montante de 72.000 cabeças de bois e vacas,

[34] a soma de 61.000 jumentos,

[35] e o total de 32.000 mulheres virgens.

[36] A metade de tudo foi atribuída àqueles que lutaram na guerra, isto é, 337.500 ovelhas e cabras,

[37] das quais a porção consagrada ao SENHOR somou 675;

[38] das 36.000 cabeças de gado, o tributo separado ao SENHOR foi de 72 cabeças;

[39] dos 30.500 jumentos, o tributo separado ao SENHOR foi de 61 animais;

[40] das 16.000 virgens, o tributo separado ao SENHOR foi de 32 moças.

[41] Assim, Moisés entregou a Eleazar o imposto determinado como uma oferta especial ao Eterno, o SENHOR, exatamente como Yahweh havia ordenado.

[42] A outra metade, pertencente ao povo de Israel, Moisés separou da parte dos guerreiros;

[43] essa foi, portanto, a metade pertencente à congregação israelita, com 337.500 ovelhas e cabras,

[33]amashumi asixhenxe anambini amawaka eenkomo;

[34]amashumi amathandathu ananye amawaka eedonki;

[35]namashumi amathathu anambini amawaka amantombazana kunye neentombi.

[36]Ke isahlulo samajoni saba ngamakhulu amathathu namashumi amathathu anesixhenxe samawaka namakhulu amahlanu eegusha neebhokhwe;

[37]waza ke umrhumo kaNdikhoyo wangamakhulu amathandathu anamashumi asixhenxe anantlanu.

[38]Zona iinkomo zangamashumi amathathu anesithandathu amawaka; aza ke amashumi asixhenxe anambini aba ngumrhumo kaNdikhoyo.

[39]Iidonki ke zona zazingamashumi amathathu amawaka namakhulu amahlanu; waza ke wona umrhumo kaNdikhoyo waba ngamashumi amathandathu ananye.

[40]Iintombi namantombazana zaba lishumi elinesithandathu lamawaka; umrhumo kaNdikhoyo ke waba ngamashumi amathathu anambini.

[41]Ngokomlomo kaNdikhoyo ke uMosis wawugqithisela kuElazare loo mrhumo uwodwa kaNdikhoyo.

[42]Ke isahlulo samaSirayeli sasifana, silingana neso samajoni:

[43]amakhulu amathathu anamashumi amathathu anesixhenxe amawaka, namakhulu amahlanu eegusha neebhokhwe;

[44] um montante de 36.000 cabeças de bois e vacas,

[45] um total de 30.500 jumentos,

[46] e 16.000 pessoas.

[47] Conforme as orientações do SENHOR, da metade que pertencia ao povo, Moisés tomou um de cada cinquenta, tanto de pessoas como de animais, e o concedeu aos levitas, que cuidavam do Tabernáculo de Yahweh, a Tenda Sagrada.

A oferta voluntária dos capitães

[48] Os oficiais do exército israelense, isto é, os comandantes dos batalhões e das companhias, se apresentaram a Moisés,

[49] e lhe propuseram: "Teus servos fizeram a conta dos homens de guerra que estavam sob as nossas ordens: não falta nenhum deles.

[50] Portanto, trazemos cada um, em oferenda a Yahweh, aquilo que achamos em objetos de ouro, braceletes, pulseiras, anéis, brincos, colares, para fazer expiação por nossas próprias vidas diante do SENHOR!"

[51] Moisés e Eleazar, o sacerdote, receberam deles aquela quantidade em ouro e todas as demais jóias.

[52] Todo o ouro oferecido pelos líderes de milhares e pelos líderes de centenas que Moisés e Eleazar apresentaram como contribuição ao SENHOR pesou cerca de duzentos quilos.

[53] Cada soldado havia tomado despojos para si mesmo.

[44]amashumi amathathu anesithandathu amawaka eenkomo;

[45]amashumi amathathu amawaka namakhulu amahlanu eedonki;

[46]kunye neshumi elinesithandathu lamawaka eentombi namantombazana.

[47]Kwesi sahlulo ke uMosis wathatha lalinye kumashumi amahlanu amabanjwa, ngokunjalo nakwimfuyo, wanika abaLevi ababesalusa isibingelelo ngokwelizwi likaNdikhoyo.

[48]Ke kaloku abaphathi neengqwayi-ngqwayi zamabutho namaqela omkhosi baya kuxelela uMosis,

[49]bathi: "Mhlekazi, siwabalile amajoni ebesiphume nawo; akukho nalinye elingekhoyo.

[50]Nanku umnikelo ke ophuma kwizinto zegolide esizifumeneyo sonke ngabanye: imixhaka, iibhengile, imisesane, amacici, namaso. Sizinikela ukuba zibe sisicamagushelo sobomi bethu kuNdikhoyo."

[51]Ke uMosis noElazare bayamkela loo golide; yonke ke yayizizihombiso.

[52]Uwonke ke loo mrhumo wabaphathi waba kwisituba samakhulu amabini eekhilogram ubunzima.

[53]Ke ijoni ngalinye lazithathela amaxhoba.

[54] Contudo, Moisés e o sacerdote Eleazar receberam o ouro oferecido pelos chefes de milhares e de centenas e o trouxeram à Tenda do Encontro, a fim de que se tornasse num memorial dos filhos de Israel diante de Yahweh.

Números 32

As tribos de Rúben e Gade pedem a terra de Gileade

[1] As tribos de Rúben e Gade eram proprietárias de grandes rebanhos. Observaram eles que as terras de Jazar e de Gileade eram muito favoráveis para a criação de gado.

[2] Por esse motivo foram a Moisés, ao sacerdote Eleazar e aos líderes da congregação israelita, e argumentaram:

[3] "Atarote, Dibom, Jazar, Ninra, Hesbon, Eleale, Sebã, Nebo e Beom,

[4] terras que o SENHOR subjugou perante a comunidade de Israel, são próprias para os rebanhos, e os teus servos são criadores de gado."

[5] E concluíram: "Portanto, se achamos graça aos teus olhos, que seja esta terra concedida em possessão aos teus servos como herança; não nos faça atravessar o Jordão!"

[6] Contudo Moisés replicou aos líderes das tribos de Gade e de Rúben: "Irão os vossos irmãos à guerra e vós permanecereis aqui?

[7] Por que desencorajais os filhos de Israel para que não passem à terra que Yahweh lhes deu?

[8] Assim procederam vossos pais quando os enviei de Cades-Barnéia para espiarem a terra.

[54]Ngoko ke uMosis noElazare bayithatha igolide leyo, bayisa esibingelelweni, khon' ukuze ibe sisikhumbuzo samaSirayeli kuNdikhoyo.

Eyasentlango 32

Izindlu ezasala phesheya kweJordan

[1]Ke kaloku amaRubhen namaGadi ayenemihlambi emikhulu yeenkomo. Athe ke akuwuqonda umhlaba waseJazere naseGiliyadi ukuba uyifanele imfuyo,

[2]aya kuMosis nombingeleli uElazare kunye nezinye iinkokheli, acela athi:

[3-4]"Lo mhlaba amaSirayeli awuphiwe nguNdikhoyo – sitsho ezi dolophu: iAtaroti, iDibhon, iJazere, iNimra, iHeshbhon, iElale, iSebham, iNebho, neBheyoni – ungumhlaba olungele iinkomo, ibe ke nathi sineenkomo ezininzi.

[5]Ngoko ke kunganjani xa lo mhlaba unikwa thina, ube sisabelo sethu, sime apha kuwo, singabi sayiwela iJordan? Siyakubongoza."

[6]UMosis waphendula wathi: "Ngaba ke nina nifuna ukuhlala apha nisonge izandla xa wona amawenu esiya emfazweni?

[7]Ningathini kaloku ukusuka niwatyhafise ngolo hlobo amaSirayeli, xa wona ewela iJordan, esiya kuthatha umhlaba awuphiwe nguNdikhoyo?

[8]Ooyihlo benza kwale nto ngokuya ndandibathuma siseKadeshe-bhaneya ukuba beze kuhlola lo mhlaba.

[9] Subiram até o vale de Escol e examinarem a terra, desencorajaram os israelitas de entrar na terra que o SENHOR lhes tinha concedido.

[10] Então a ira de Yahweh se inflamou naquele dia, e Yahweh fez este juramento:

[11] 'Estes homens que saíram do Egito, da idade de vinte anos para cima, jamais verão a terra que prometi, com juramento, a Abraão, a Isaque e a Jacó, porquanto não me seguiram de modo íntegro,

[12] com exceção de Calebe, filho de Jefoné, o quenezeu, e Josué, filho de Num, que obedeceram fielmente às ordens do SENHOR com inteireza de coração!'

[13] Então a ira do SENHOR se acendeu contra Israel e os fez andar errantes pelo deserto durante quarenta anos, até que desapareceu por completo aquela geração que fez o que desagradou a Yahweh.

[14] Eis que vós vos levantais em lugar dos vossos antepassados, como raça de pecadores, para aumentardes ainda mais o ardor da ira de Yahweh contra o povo de Israel!

[15] Se vós vos apartardes do SENHOR, Ele aumentará ainda mais a vossa permanência no deserto e causareis a ruína de todo este povo!"

[16] Então se aproximaram de Moisés e lhe pediram: "Desejamos construir nestas terras apriscos para o nosso gado e cidades para as nossas mulheres e para os nossos filhos.

[9]Bahamba baya kuma ngentili ye-Eshkoli, bawubona lo mhlaba, kodwa bathi bakubuya bawatyhafisa amaSirayeli, khon' ukuze angezi kweli lizwe aliphiweyo nguNdikhoyo.

[10]Ke yena uNdikhoyo wakhathazeka, waza wafunga wathi:

[11]'Ngenxa yokuba bengakholosanga ngam, kula madoda akwiminyaka emashumi mabini nangaphezulu aphuma eJiputa akukho nanye iya kungena kwelo lizwe ndabathembisa ngalo ooAbraham, uIsake, noYakobi.'

[12]"Esi sifungo ke sabandakanya bonke ngaphandle kukaKalebhi unyana kaJefune umKeni, noYoshuwa unyana kaNune. Kaloku bona bakholosa ngoNdikhoyo.

[13]UNdikhoyo ke wakhathazeka, waza amaSirayeli wawabhadulisa entlango isithuba seminyaka engamashumi amane, sada safa saphela eso sizukulwana sasimonile.

[14]Nina ke eningene ezihlangwini zooyihlo, nisisizukulwana esitsha esigwenxa esizimisele ukuhlisela umsindo kaNdikhoyo phezu kwamaSirayeli kwakhona.

[15]Nani ke, maRubhen namaGadi, ukuba niyala ukunamathela kuye ngoku, uya kuphinda awalahle entlango amaSirayeli, ize ke intshabalalo yawo ibe yimhemhe yenu."

[16]Ke wona asuka aya kuMosis, ambongoza athi: "Sivumele sakhele iigusha zethu iintlanti, futhi sakhele iintsapho zethu iidolophu.

[17] Nós, entretanto, nos armaremos fortemente e estaremos prontos para ir à frente dos nossos patrícios israelitas, até que consigamos fazê-los tomar posse da terra que lhes foi determinada.

[17]Sizimisele ukuxhoba siwakhokele amawethu emadabini, siwancedise ade awume loo mhlaba uza kuba ngowawo. Ke zona iintsapho zethu siya kuzishiya zihleli kwiidolophu ezinqatyisiweyo, zingabi nakuchukunyiswa ngabantu beli lizwe.

[18] Não regressaremos às nossas casas enquanto cada um dos filhos de Israel não tiver tomado posse da sua herança.

[18]Thina ke soze sibuye ngaphandle kokuba ade onke amaSirayeli asifumane isabelo sawo kwelo lizwe.

[19] Pois não possuiremos herança com eles do outro lado do Jordão e nem mais além, considerando que a nossa herança nos seja concedida no lado leste do Jordão!"

[19]Ngokunjalo ke thina soze sifumane sabelo samhlaba phaya phesheya kweJordan, kuba kaloku esethu nasi ngeneno empuma yeJordan."

[20] Então condescendeu Moisés: "Se de fato procederdes conforme dizes, se sairdes para a guerra diante de Yahweh,

[20]UMosis waphendula wathi: "Xa kunjalo ke, zilungiseleleni apha phambi kukaNdikhoyo, nizimisele ukuya edabini.

[21] e se todos aqueles dentre vós que estão armados passarem o Jordão diante de Yahweh, até que tenha expulsado todos os seus inimigos diante dele,

[21]Onke amajoni enu kufuneka awele iJordan ekhokelwe nguNdikhoyo, azihlasele iintshaba zakhe ade azoyise, uNdikhoyo

[22] quando a terra estiver submetida ao SENHOR, então podereis retornar; assim estareis desobrigados para com Yahweh e para com Israel, e esta terra será vossa propriedade diante de Yahweh.

[22]awohluthe umhlaba wazo. Emva koko ke noba nako ukubuya; kaloku noba nimanelisile uNdikhoyo ndawonye namawenu. Ke wona lo mhlaba woba sisabelo senu enisinikwe nguNdikhoyo.

[23] Porém, se não fizerdes como estais prometendo, pecareis contra Yahweh, e sabei que, certamente não escapareis jamais ao castigo de vossos próprios pecados.

[23]Kambe ke ukuba anisifezekisanga esi sithembiso, ze nazi ukuba nimonile uNdikhoyo, ibe ke sona isono senu siya kuba yinto kuni.

[24] Construí, pois, cidades para vossas famílias, e currais para vossas ovelhas e vacas; contudo, aquilo que prometestes, cumpri-o!"

[24]Ngoko ke yakhelani iintsapho zenu iidolophu, nakhele nemfuyo yenu iintlanti, kambe nisifezekise isithembiso senu."

[25] Então os homens de Gade e Rúben afirmaram a Moisés: "Teus servos vos farão aquilo que o meu senhor ordenou.

[25]Ke kaloku amaGadi namaRubhen aphendula athi: "Izicaka zakho ziya kwenza ngokwelizwi lakho, mhlekazi.

[26] As nossas crianças, as nossas mulheres, os nossos rebanhos e todo o nosso gado permanecerá aqui nas cidades de Gileade.

[27] Entretanto, os teus servos, aqueles que estão armados para a guerra, passarão, diante de Yahweh, para combater, como disse o meu senhor!"

[28] Então Moisés deu ordens a este respeito a Eleazar, o sacerdote, a Josué, filho de Num, e aos chefes das casas patriarcais das tribos de Israel.

[29] Declarou-lhes Moisés: "Se os filhos de Gade e os filhos de Rúben, todos aqueles que estão armados, passarem convosco o Jordão, para combater, diante de Yahweh, quando a terra estiver totalmente dominada, dar-lhe-eis em possessão a terra de Gileade.

[30] Contudo, se não atravessarem armados o rio Jordão convosco, então deverão receber a parte que lhes cabe, junto de vós, na terra de Canaã!"

[31] Os filhos de Gade e de Rúben prometeram: "O que Yahweh orientou a teus servos, nós o faremos!

[32] Passaremos armados diante de Yahweh à terra de Canaã; porém tu, nos concederá a posse da nossa herança deste lado do Jordão."

[33] Então Moisés deu às tribos de Gade e de Rúben e à metade da tribo de Manassés, filho de José, o reino de Seom, rei dos amorreus, e reino de Ogue, rei de Basã, toda a terra com as suas cidades e o território ao redor delas.

[26]Iintsapho zethu neenkomo neegusha zona ziya kusala apha kwezi dolophu zaseGiliyadi.

[27]Ke thina sonke sesilungele ukungena phantsi koNdikhoyo. Soxhoba siyiwele iJordan; siya kulwa emfazweni ngokomyalelo wakho."

[28]UMosis wayalela uElazare, uYoshuwa, nezinye iinkulu zezindlu zamaSirayeli,

[29]wathi: "Ukuba amaGadi namaRubhen ayiwelile iJordan, aza alwa kumkhosi kaNdikhoyo, naza ke noyisa nalithimba elo lizwe, ke wona ze niwanike umhlaba waseGiliyadi, ibe sisabelo sawo.

[30]Kambe ke ukuba akayiwelanga iJordan aya kulwa kunye nani, isabelo sawo osifumana kwelaseKanana kunye nani."

[31]Ke wona amaGadi namaRubhen aphendula athi: "Ewe, siya kwenza njengoko athethileyo uNdikhoyo.

[32]Siya kuwela siye kwilizwe laseKanana, silwe siphantsi kwakhe, ukuze singaphulukani nesabelo sethu apha kwimpuma yeJordan."

[33]Ngoko ke uMosis wabela amaGadi, amaRubhen, nenxalenye yabakwaManase, wonke ummandla kakumkani uSihon wama-Amori, ndawonye nokakumkani uOgi waseBhashan, ngokunjalo needolophu namaphandle awujikelezileyo.

[34] A tribo de Gade construiu Dibom, Atarote, Aroer,

[35] Atarote-Sofã, Jazar, Jogbeá,

[36] Bete-Ninra e Bete-Harã como cidades fortificadas por muralhas, e ergueu apriscos para os seus rebanhos.

[37] E a tribo de Rúben reedificou Hesbom, Eleale e Quiriataim,

[38] bem como Nebo e Baal-Meom, alterando seus nomes originais, assim como Sibma. E renomeou todas essas cidades.

[39] Os descendentes de Maquir, filho de Manassés, foram a Gileade, tomaram posse dela e expulsaram os amorreus que lá se encontravam.

[40] Então Moisés deu Gileade aos maquiritas, descendentes de Manassés, e eles passaram a habitar ali.

[41] Jair, descendente de Manassés, dominou as aldeias deles e as chamou Havote-Jair, povoados de Jair.

[42] E Noba subjugou Quenate e as cidades circunvizinhas, e a chamou Noba, dando-lhe seu próprio nome.

Números 33

As jornadas desde o Egito até Moabe

[1] Estas são as etapas que os filhos de Israel caminharam desde que saíram do Egito, organizados de acordo com seus esquadrões, sob a liderança de Moisés e Arão.

[2] Moisés registrou toda a jornada, a partir dos lugares de onde partiam, segundo as orientações expressas de Yahweh, o SENHOR. Estas, portanto, são as suas etapas, conforme os pontos partida.

[34]AmaGadi abuya azakha iidolophu ezinqatyisiweyo zaseDibhon, iAtaroti, iArohere,

[35]iAteroti-shofan, iJazere, iJogebheha,

[36]iBhete-nimra, neBhete-haran.

[37]AmaRubhen ahlaziya iHeshbhon, iElale, iKiriatayim,

[38]iNebho, iBhali-mehon (eli ke igama latshintshwa), neSibhema. Iidolophu abazakhayo bazithiya ngokutsha.

[39]Ke bona abakwaMakire, unyana kaManase, bahlasela umhlaba waseGiliyadi, bawagxotha ama-Amori awayelapho, baza bema kuwo loo mhlaba.

[40]Ngoko ke uMosis umhlaba waseGiliyadi wawunika indlu kaMakire, yema kuwo.

[41]UJayire wendlu kaManase wahlasela iidolophana ezithile, waza wazithatha wazibiza ngokuba ziidolophana zikaJayire.

[42]NoNobha wahlasela iKenati needolophana zayo, waza wayithiya ngaye, wathi yiNobha.

Eyasentlango 33

Ukusuka eJiputa ukuya eMowabhi

[1]Le yimbali echaza ngeendawo awathi emisa kuzo ngokwezindlu zawo amaSirayeli ukuphuma kwawo eJiputa ekhokelwa nguMosis noAron.

[2]Ngokuyalelwa nguNdikhoyo ke uMosis wawabhala amagama eendawo abathi bemisa kuzo.

[3] Os israelitas partiram de Ramessés no décimo quinto dia do primeiro mês, no dia seguinte ao dia da Páscoa. Saíram eufóricos de mão erguida, em sinal de vitória, diante dos olhos de todo o Egito.

[3]AmaSirayeli anduluka eJiputa ngomhla weshumi elinesihlanu kwinyanga yokuqala enyakeni, kusuku olulandela iPasika, aphuma engafihlakalanga eRamesi, ekhokelwa nguNdikhoyo, ebonwa ngamaJiputa

[4] Os egípcios sepultavam aqueles que dentre eles foram feridos por Yahweh, todos os primogênitos; Yahweh fez justiça contra os seus deuses.

[4]awayexakeke kukungcwaba oonyana bawo abangamazibulo ababebulewe nguNdikhoyo. Ngesi senzo ke uNdikhoyo wazicacisa ukuba ungumakhonya nakoothixo bamaJiputa.

[5] Os filhos de Israel partiram de Ramessés e acamparam em Sucote.

[5]Ukunduluka kwawo eRamesi amaSirayeli aya kumisa eSukoti;

[6] Em seguida partiram de Sucote e acamparam em Etã, nos limites do deserto.

[6]aza ukuphuma kwawo apho emisa e-Etam ekungeneni kwentlango.

[7] Saíram de Etã, retornaram para Pi-Hairote, a leste de Baal-Zefom, e montaram acampamento próximos a Migdol.

[7]Ukusuka kwawo ke apho aphindela ePi-hahiroti kwimpuma yeBhali-zefon, aza emisa ngaseMigdoli.

[8] Partiram de Pi-Hairote e cruzaram o mar, chegando ao deserto, e, depois de caminharem três dias no deserto de Etã, acamparam em Mara.

[8]Ayishiya iPi-hahiroti, awela uLwandle oluBomvu, angena kwintlango yase-Etam; aza ke athi emva kweentsuku ezintathu aya kugaleleka emisa eMora.

[9] Saíram de Mara e se dirigiram para Elim, lugar onde havia doze fontes e setenta palmeiras, e acamparam ali.

[9]Ukunduluka kwawo apho ke aya kumisa e-Elim, kuba khona kwakukho imithombo yamanzi elishumi elinambini nemithi yesundu engamashumi asixhenxe.

[10] Deixaram Elim e armaram acampamento próximo ao mar Vermelho.

[10]Ukushiya kwawo iElim aya kumisa ngakuLwandle oluBomvu.

[11] Partiram do mar Vermelho e montaram acampamento no deserto de Sim.

[11]Nalapho aphuma aya kungena kwintlango yeSin.

[12] Saíram do deserto de Sim e acamparam em Dofca.

[12]Akuphuma apho aya kumisa eDofeka

[13] Deixaram Dofca e fixaram acampamento em Alus.

[13]naseAlushe.

[14] Saíram de Alus e acamparam em Refidim, onde não havia água para o povo beber.

[14]Kamva ke aya kutsho eRefidim, apho afika engekho amanzi okusela.

15 Partiram de Refidim e ergueram acampamento no deserto do Sinai.

16 Deixaram o deserto do Sinai e montaram acampamento em Quibrote-Hataavá.

17 Saíram de Quibrote-Hataavá e acamparam em Hazerote.

18 Partiram de Hazerote e foram acampar em Ritmá.

19 Deixaram Ritmá e fixaram acampamento em Rimom-Perez.

20 Saíram de Rimom-Perez e montaram acampamento Libna.

21 Partiram de Libna e armaram acampamento em Rissa.

22 Deixaram Rissa e acamparam em Queelata.

23 Saíram de Queelata e ergueram acampamento no monte Séfer.

24 Partiram do monte Séfer e montaram acampamento em Harada.

25 Deixaram Harada e foram acampar em Maquelote.

26 Saíram de Maquelote e ergueram acampamento em Taate.

27 Partiram de Taate e montaram acampamento em Terá.

28 Deixaram Terá e acamparam em Mitca.

29 Saíram de Mitca e acamparam em Hasmona.

30 Partiram de Hasmona e foram acampar em Moserote.

31 Deixaram Moserote e montaram acampamento em Bene-Jaacã.

32 Saíram de Bene-Jaacã e ergueram acampamento em Hor-Gidgade.

33 Partiram de Hor-Gidgade e acamparam em Jotbatá.

15-37Ukuphuma kwawo eRefidim esiya kwintaba iHore, emisa kwezi ndawo zilandelayo: kwintlango iSinayi, iKibroti-hatava, iHazeroti, iRitema, iRimon-pereze, iLibhena, iRisa, iKehelata, intaba iShefere, iHarada, iMakeloti, iTahati, iTera, iMiteka, iHashemona, iMoseroti, iBhene-yakan, iHori-hagidegadi, iYotebhata, iAbrona, iEziyon-gebhere, eKadeshe kwintlango yeZin, nangakwintaba iHore emideni yase-Edom.

[34] Deixaram Jotbatá e foram acampar em Abrona.
[35] Saíram de Abrona e montaram acampamento em Eziom-Geber.
[36] Partiram de Eziom-Geber e ergueram acampamento em Cades, no deserto de Zim.
[37] Deixaram Cades e acamparam no monte Hor, nos limites da terra de Edom.
[38] Por determinação de Yahweh, o sacerdote Arão subiu o monte Hor, onde morreu no primeiro dia do quinto mês do quadragésimo ano depois que os filhos de Israel foram libertos e saíram do Egito.

[39] Arão era da idade de cento e vinte e três anos quando morreu no alto do monte Hor.

[40] Então o rei cananeu de Arade, que habitava no Neguebe, a região sul da terra de Canaã, foi informado de que os filhos de Israel estavam chegando.
[41] Os israelitas partiram da montanha de Hor e armaram acampamento em Zalmona.
[42] Depois saíram de Zalmona e acamparam em Punom.
[43] Deixaram Punom e foram armar acampamento em Obote.
[44] Partiram de Obote e ergueram acampamento em Ijé-Abarim, na fronteira de Moabe.
[45] Saíram de Ijé-Abarim e montaram acampamento em Dibom-Gade.
[46] Deixaram Dibom-Gade e acamparam em Almom-Diblataim.
[47] Partiram de Almom-Diblataim e armaram acampamento nos montes de Abarim, defronte de Nebo.

[38-39]Ke kaloku ngokuyalelwa nguNdikhoyo umbingeleli uAron waqabela kwintaba iHore. Ke yena wafela apho ngomhla wokuqala kwinyanga yesihlanu kunyaka wamashumi amane amaSirayeli andulukayo eJiputa. Wayeneminyaka elikhulu elinamashumi amabini anantathu walibonayo ilanga.

[40]Ke kaloku ukumkani waseAradi owayekumazantsi eKanana weva ngokuza kwamaSirayeli.

[41-49]Ukuphuma kwintaba iHore, ukuya kumathafa aseMowabhi amaSirayeli emisa kwezi ndawo zilandelayo: eZalmona, ePunon, eObhoti, eIye-abharim emdeni womhlaba waseMowabhi, eDibhon yakwaGadi, eAlmon-diblatayim, kwintaba iAbharim, ngakwintaba iNebho, nakumathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko phakathi kweBhete-yeshimoti neentili zeShitim.

48 Saíram dos montes de Abarim e foram armar acampamento nas campinas de Moabe próximo ao rio Jordão, em direção a Jericó.

49 Ergueram acampamento junto do Jordão, desde Bete-Jesimote até Abel-Sitim.

Deus manda lançar fora os moradores de Canaã

50 Então Yahweh falou a Moisés nas Campinas de Moabe, junto ao rio Jordão, frente a Jericó, e lhe ordenou:

51 “Comunica aos filhos de Israel: Quando tiverdes atravessado o Jordão, em direção à terra de Canaã,

52 expulsareis de diante de vós todos os habitantes da terra. Destruireis as suas imagens esculpidas, todas as suas estátuas de metal fundido, e demolireis todos altares idólatras deles.

53 Tomareis posse da terra e nela habitareis, pois vos dei esta terra para a possuírdes.

54 Dividireis a terra, por sorteio, entre os vossas tribos e grupos familiares. Aos clãs mais numerosos dareis uma parte maior na herança e aos grupos familiares menos numerosos concedereis uma parte menor na herança. Cada clã receberá a terra que lhe cair por sorte. Fareis a divisão da terra entre as tribos de vossos antepassados.

55 Contudo, se não expulsardes de diante de vós os habitantes da terra, aqueles que deixardes dentre eles se tornarão como farpas em vossos olhos e aguilhões nas vossas costas. Eles vos hostilizarão na terra em que habitardes.

Iziyalo phambi kokuwela iJordan

50Ke kaloku kwathi xa alapho kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko, uNdikhoyo wanika uMosis le miyalelo,

51wathi makayigqithisele kumaSirayeli, wathi: “Nakuyiwela iJordan, ningene kwelaseKanana,

52ze nibakhuphe nibagxothe abemi bakhona. Izithixo zabo ezenziwe ngobhedu nangamatye ze nizitshabalalise ndawonye neendawo abanqulela kuzo.

53Ze nime nizinze kuloo mhlaba wabo, kuba niwuphiwa ndim.

54Loo mhlaba wabo ze niwahlula-hlulele izindlu nemizi yenu ngamaqashiso; imizi leyo ke ze niyabele ngokobubanzi bayo.

55Kambe ke ukuba anibagxothanga bonke abemi balo, abo baseleyo boba yinkathazo njengeliso eliphandliweyo kuni, okanye kufane nokuba nihlatywe ngameva; ewe, bojika banilwe.

[56] Então farei convosco o mesmo que planejo fazer com eles!”

Números 34

Os confins da terra

[1] O SENHOR Deus falou a Moisés e orientou:

[2] “Dá as seguintes ordens aos filhos de Israel: Quando entrardes na terra de Canaã, esta será a terra que vos caberá em herança e suas fronteiras serão estas:

[3] A região meridional do vosso domínio, o lado sul, começará no deserto de Tsin, Zim, próximo à fronteira de Edom. Do lado oriental, a leste, a vossa fronteira sul terá início desde a extremidade de Iam Hamêlah, o mar Salgado.

[4] Depois passará pelo sul da subida de Acrabrim, dos Escorpiões, prosseguirá até Zim e irá para o sul de Cadesh-Barnêa, Cades-Barnéia. Seguindo passará por Hatsar-Adar e irá até Atsmón, Azmom.

[5] De Azmom a fronteira fará uma curva e se juntará ao ribeirão que faz fronteira com o Egito e terminará no Mar.

[6] Portanto, tereis por fronteira marítima o Iam Hagadol, o Grande Mar; este limite vos servirá ocidental, a oeste.

[7] Esta será a vossa fronteira norte, setentrional: traçareis uma linha desde o Grande Mar até o monte Hor,

[8] e da montanha de Hor traçareis um linha até à Lebo-Hamate. Sendo que o limite da fronteira será Zelade.

[9] Prosseguirá em direção a Zifrom e terminará em Hatsar-Enãn. Está, pois, será a vossa fronteira norte.

[56]Ngaphezu koko ke ukuba anibagxothanga ndonitshabalalisa njengoko ndandizimisele ukutshabalalisa bona kakade.”

Eyasentlango 34

Imida yelizwe laseKanana

[1] UNdikhoyo wanika uMosis

[2]le miyalelo, wathi makayigqithisele kumaSirayeli, athi: “Nantsi ke imida yelizwe laseKanana endinipha lona.

[3]Umda wangezantsi uya kusuka kwintlango iZin, ubhijele kumda wase-Edom. Ngasempuma uya kuthatha kumazantsi oLwandle oluFileyo,

[4]uhle ujonge kwinkalo yeAkrabhim, utyhutyhumeze ungene eZin, uyokuthi gaa ngeKadeshe-bhaneya. Ukuphuma apho uya kujonga emantla-ntshona, uye eHazare-adare, uphumele eAzemon,

[5]apho uya kujika, ujonge kwiintili zemida yeJiputa, uyokuma ngolwandle olukhulu.

[6]“Ngasentshona umda uya kuba lulwandle olukhulu.

[7]“Ngasentla umda uya kusuka kulwandle olukhulu, uye kurheca intaba iHore,

[8]uye kuthi xhaxhe kwinkalo yeHamati; uze ke uye kurheca iZedada

[9]neZifron, uye kuthi gaa ngeHazare-enan.

[10] Em seguida traçareis vossa fronteira oriental de Hatsar-Enãn a Shefam, Sefã.
[11] A fronteira descerá de Sefã em direção a Harbel, ao oriente de Aim. Descendo ainda tocará a margem oriental de Kinéret, mar da Galiléia.
[12] A fronteira seguirá então ao longo do Iardên, Jordão e os seus fins serão no mar Salgado. Estas, portanto, serão as quatro fronteiras da vossa nação.
[13] Então Moisés deu as seguintes ordens aos filhos de Israel: "Esta é a terra que repartireis como herança, para vós, por meio de sorteio, e que Yahweh ordenou que se desse às nove tribos e à meia tribo.
[14] Porquanto a tribo dos filhos de Rúben, com as suas famílias, e a tribo dos filhos de Gade, com as suas famílias, já receberam a sua herança; a meia tribo de Manassés já recebeu igualmente a sua herança.
[15] Estas duas tribos e meia receberam sua herança no lado leste do Jordão, frente a Jericó, na direção do nascer do sol."

Os homens que devem dividir a terra

[16] Então Yahweh ordenou a Moisés:
[17] "Estes são os nomes dos homens que partirão a terra por herança entre vós: Eleazar, o sacerdote, e Josué, filho de Num.
[18] Designareis, pois, um príncipe de cada tribo para cooperar na distribuição da terra.
[19] Estes são os nomes dos escolhidos: Calebe, filho de Jefoné, da tribo de Judá;
[20] Samuel, filho de Amiúde, da tribo de Simeão;
[21] Elidade, filho de Quislom, da tribo de Benjamim;

[10]"Owasempuma uya kuphuma eHazare-enan, uye kuthi xhaxhe ngeShefam.
[11]Uya kuhla uye eRibhela kwimpuma yeAyin, utyhutyhumeze kwiinduli ezikwimpuma yonxweme loLwandle lwaseGalili;
[12]uze ke wenjenjeya ukuhla ngomlambo iJordan, uye kuthi gaa ngoLwandle oluFileyo. "Yomine ke le yimida yelizwe lenu."

[13]UMosis ke waxelela amaSirayeli, wathi: "Nâlo ke ilizwe eniza kulizuza ngamaqashiso, ilizwe elabelwe izindlu ezilithoba ezinesiqingatha nguNdikhoyo.

[14-15]Ke zona izindlu zikaRubhen, uGadi, kunye nesiqingatha sikaManase, zisifumene isabelo sazo ngokwemizi yazo ngaphesheya kwimpuma yeJordan malunga neJeriko."

Iinjoli zomhlaba

[16] UNdikhoyo wayalela uMosis, wathi:
[17]"Umbingeleli uElazare noYoshuwa unyana kaNune ngabo abaya kwabela amaSirayeli umhlaba.
[18]Ngokunjalo ke khetha inkokheli ibe nye kwindlu nganye bancedise.

[19-28]Nanga ke amagama eenkokheli ezo:

Indlu	Inkokheli
KwaJuda	uKalebhi unyana kaJefune
KwaSimon	uShemuweli unyana ka-Amihudi

22 Buqui, filho de Jogli, o príncipe da tribo de Dã;

23 Haniel, filho de Éfod; o príncipe da tribo de Manassés, filho de José;

24 Quemuel, filho de Siftã, o príncipe da tribo de Efraim, filho de José;

25 Elisafã, filho de Parnaque, o príncipe da tribo de Zebulom;

26 Paltiel, filho de Aza; o príncipe da tribo de Issacar;

27 Aiúde, filho de Selomi, o príncipe da tribo de Aser;

28 Pedael, filho de Amiúde, o príncipe da tribo de Naftali.”

29 Portanto, foram estes os homens a quem Yahweh ordenou que partilhassem a herança aos israelitas na terra de Canaã.

Números 35

As cidades dos levitas

1 Nas planícies de Moabe, junto ao rio Jordão, nas proximidades de Jericó, que ficava no outro lado do rio, Yahweh falou a Moisés e lhe orientou:

2 “Ordena aos filhos de Israel que, da herança que possuem, entreguem aos levitas cidades, a fim de que possam morar, e pastagens ao redor destas cidades. Dareis tais cidades aos levitas para criarem os seus rebanhos.

3 As cidades serão sua habitação e as pastagens nos seus arredores serão para o seu gado, seus bens e todos os seus animais.

4 As pastagens nos arredores das cidades que dareis aos levitas se estenderão, a partir da muralha da cidade, até quatrocentos e cinquenta metros ao seu redor.

KwaBhenjamin	uElidade unyana kaKiselon
KwaDan	uBhuki unyana kaJogeli
KwaManase kaJosefu	uHaniyeli unyana kaEfodi
KwaEfrayim kaJosefu	uKemuweli unyana kaShiftan
KwaZebhulon	uElizafan unyana kaParnaki
KwaIsakare	uPaltiyeli unyana ka-Azana
Kwa-Ashere	uAbhihudi unyana kaShelomi
KwaNafetali	uPedayeli unyana ka-Amihudi.”

29Nango ke amadoda âmiswa nguNdikhoyo ukuba abele amaSirayeli umhlaba kwelaseKanana.

Eyasentlango 35

Iidolophu zabaLevi

1Kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

2“Xelela amaSirayeli ukuba kuloo mihlaba ayinikiweyo makahlulele abaLevi iidolophu ezithile ndawonye namadlelo azingqongileyo.

3Zona ke zoba zezabaLevi, bahlale kuzo. Ke wona amadlelo oba ngawemfuyo yabo.

4Amadlelo makasuke kwiindonga zesixeko abhekele phaya isithuba esingamakhulu amane anamashumi amahlanu eemitha macala,

[5] Do lado de fora da cidade, medireis novecentos metros em direção ao lado leste, para o sul, para o oeste e para o lado norte, ficando a cidade no centro. Eles terão essa área para servir de pastagens aos rebanhos dessas cidades.	[5]khon' ukuze ubekho ummandla olinganayo ongamakhulu asithoba eemitha ngapha nangapha, isixeko sona siphakathi.
[6] As cidades que dareis aos levitas serão as seis cidades de refúgio, cedidas por vós para abrigar pessoas que acidentalmente matarem alguém; além dessas dareis mais quarenta e duas cidades.	[6]AbaLevi ze nibanike iidolophu zibe ntandathu, apho umntu angabalekela khona xa abulele omnye ngengozi. Ngaphezu koko ke banikeni ezinye iidolophu zibe ngamashumi amane anambini
[7] Ao todo, entregareis aos levitas quarenta e oito cidades, as cidades com seus espaços reservados às pastagens.	[7]ndawonye namadlelo azo, ukuze ke zibe ngamashumi amane anesibhozo zizonke.
[8] As cidades que dareis da possessão dos filho de Israel, vós as tomareis em maior número dos que têm muito e em pequeno número dos que têm pouco. Cada um dará das suas cidades aos levitas, em proporção com a herança que tiver recebido.”	[8]Inani leedolophu ezinikwa abaLevi kwindlu nganye loxhomekeka kubungakanani bomhlaba waloo ndlu. Kweneedolophu ezininzi phungula kakhulu; kweneedolophu ezimbalwa phungula kancinci.”
Seis cidades de refúgio	**Iidolophu zokuphephela**
[9] Então o SENHOR falou a Moisés e lhe ordenou:	[9] UNdikhoyo wathetha noMosis,
[10] “Fala assim aos israelitas: Quando tiverdes passado o Jordão para a terra de Canaã,	[10]wathi makathethe namaSirayeli, athi: “Nakuba niyiwelile iJordan nangena kwelaseKanana,
[11] escolhereis cidades das quais fareis cidades de refúgio, onde possa refugiar-se o homicida que tenha morto alguém sem intenção ou inadvertidamente.	[11]ze nimise iidolophu apho umntu angabalekela khona xa ebulele omnye ngengozi.
[12] Essas cidades vos servirão de refúgio contra o vingador do sangue, e o homicida não deverá morrer antes de ter comparecido para o devido julgamento, diante da congregação israelita.	[12]Xa elapho ke woba usindile kwimpindezelo yesizalwana sikamfi. Umntu otyholwa ngokubulala omnye akufuneki abulawe lingakhange lithethwe enkundleni ityala lakhe.
[13] As cidades que dareis serão para vós seis cidades de refúgio:	[13]Khethani iidolophu zokuphephela zibe ntandathu,

[14] designareis três cidades deste lado do Jordão e três outras do lado de Canaã.

[15] Tanto para os israelitas como para o estrangeiro e para aquele que mora no meio de vós, essas seis cidades servirão de refúgio, onde possa se refugiar aquele que matar alguém involuntariamente.

[16] Entretanto, se feriu alguém com um objeto de ferro e disso resultou a morte desta pessoa, é um assassino. E, portanto, o homicida terá que ser executado.

[17] Se feriu com uma pedra apropriada para matar e a pessoa agredida morrer, igualmente é um homicida; e como assassino, deverá pagar com a própria vida.

[18] Ou ainda, se feriu alguém com um instrumento de madeira, apropriado para matar, e a vítima morrer, igualmente é assassino. Será, portanto, morto tal homicida.

[19] O vingador do sangue da vítima matará o assassino; assim que o encontrar o executará.

[20] Se alguém, com ódio, empurrar uma pessoa com a intenção de matar, ou atirar algum objeto contra ela de modo que essa pessoa venha a morrer,

[21] ou se com hostilidade desferir-lhe um soco provocando assim a sua morte, tal agressor deverá ser executado, pois é também homicida. O vingador da vítima matará o assassino quando o encontrar.

[22] Contudo, se empurrou a vítima fortuitamente, sem ódio e violência, ou

[14]zibe ntathu ngaphesheya empuma yomlambo iJordan, zibe kwantathu nganeno kwelaseKanana.

[15]Ezi dolophu zoba yindawo yokubalekela kumaSirayeli, kanti nakwiintlanga ezingabangeneleli okanye abemi. Nabani na ke obulele umntu ngengozi woba nokubalekela kwenye yazo.

[16-18]“Kambe ke yena umntu obulele omnye esebenzisa isixhobo esiyintsimbi, ilitye, okanye umthi, woba netyala lokubulala, isigwebo sakhe ibe kukubulawa.

[19]Uxanduva lokubulala isigwinta eso loba phezu kwesizalwana esingumphindezeli. Apho sisifumene khona masisibulale eso sigwinta.

[20]“Ukuba umntu unomntu amzondayo waza wambulala ngokumeyelisela, ukumgibisela ngento, okanye ukumlalela,

[21]noba kukumbetha ngamanqindi, loo mntu unetyala lokubulala, makabulawe. Uxaduva lokubulala eso sigwinta loba kwisizalwana esingumphindezeli womfi lowo; ngoko ke masisibulale apho sisifumene khona.

[22]“Kambe ke ukuba umntu ubulele omnye ngengozi, kungengakuba ebemzonda, noba

atirou um objeto contra ela sem a intenção de matar;

[23] ou ainda, sem notar a presença da vítima, deixou cair sobre ela uma pedra que a pudesse matar, e, disto resultou a sua morte, embora não alimentasse contra ela nenhum rancor e não lhe planejasse mal algum,

[24] a comunidade julgará, segundo estas regras, entre o que feriu e o vingador do sangue da vítima,

[25] e salvará o homicida da mão do vingador da vítima e o enviará de volta à cidade de refúgio para onde tinha fugido. Ali permanecerá até a morte do sumo sacerdote, que foi ungido com óleo santo.

[26] Se, entretanto, o acusado vier a sair do território da cidade de refúgio onde se havia abrigado,

[27] e o vingador do sangue da vítima o encontrar fora do território da sua cidade de refúgio, tal vingador terá o direito de matar o acusado sem medo de ser considerado homicida também.

[28] Portanto, o acusado deverá permanecer em sua cidade de refúgio até a morte do sumo sacerdote; somente depois da morte do sumo sacerdote poderá retornar à sua propriedade.

[29] Estas exigências jurídicas serão para vós e para todas as vossas gerações, em qualquer lugar onde habitardes.

[30] Em todo caso de homicídio, o assassino será julgado e morto mediante o depoimento de testemunhas; mas uma única

umbulele ngokumeyelisela okanye ukumgibisela ngento,

[23]okanye mhlawumbi umntu ubethe omnye ngelitye engamboni, engenazinjongo, engelulo natshaba lwakhe,

[24]kwimeko enjalo ityala maligwetywe yinkundla, nayo ke igwebele lo ubuleleyo, ingesiso isizalwana sikamfi esifuna impindezelo.

[25]Inkundla mayimhlangule umbulali lowo kwisizalwana sikamfi; makabuyiselwe kwakuloo dolophu ebephephele kuyo. Umbulali lo ke makahlale apho kude kufe loo mntu ungumbingeleli omkhulu kwelo thuba, lowo uthanjiswe ngamafutha angcwele.

[26]Kambe ke ukuba umbulali lowo umkile apho kuloo dolophu ebephephele kuyo,

[27]waza ke wabhaqwa, wabulawa sisizalwana sikamfi, eso senzo sempindezelo asilotyala lakubulala.

[28]Loo mntu ubuleleyo makahlale apho kuloo dolophu yokuphephela kude kufe umbingeleli omkhulu; emva koko ke angagoduka.

[29]Le mimiselo ke iya kubopha nina nezizukulwana zenu noba seniphi na.

[30]“Umntu otyholwa ngokubulala angáfunyanwa enetyala aze abulawe kuphela xa kukho amangqina; ke lona

testemunha não levará alguém à pena de morte.

[31] Não aceitareis resgate pela vida de um assassino condenado à morte, pois ele deverá pagar com a própria vida;

[32] também não aceitareis resgate por alguém que, tendo-se refugiado na sua cidade de refúgio, quer voltar a habitar na sua propriedade antes da morte do sumo sacerdote.

[33] Não profanareis a terra onde estais. O sangue profana a terra, e não há para a terra outra expiação do sangue derramado senão a do sangue daquele que o derramou.

[34] Não tornarás impura a terra onde habitais e no meio da qual Eu habito. Porquanto Eu, Yahweh, o SENHOR, habito no meio dos filhos de Israel!"

Números 36

Casamento de herdeiras

[1] Apresentaram-se, então, os chefes das casas patriarcais, as famílias que pertencem ao clã dos filhos de Gileade, filho de Maquir, neto de Manassés, que fizeram parte dos clãs dos descendentes de José. Pediram a palavra, na presença de Moisés e dos príncipes, chefes das famílias israelitas,

[2] e questionaram: "Yahweh ordenou a meu senhor que se desse a terra aos filhos de Israel, repartindo-a por meio de sorte; e o meu senhor recebeu do SENHOR ordem de dar a parte da herança de nosso irmão Zelofeade às suas filhas.

[3] Agora, supondo que elas venham a se casar com homens de outras tribos israelitas; nesse caso a herança que lhes

ingqina elinye alanele ukuxhasa isityholo sombulali.

[31]Isigwinta masibulawe. Mayingamkelwa intlawulo yokusindisa ubomi baso.

[32]Ukuba umntu ubalekele kwidolophu yokuphephela makangavunyelwa akhuphe intlawulo khon' ukuze abe nokugoduka engekafi umbingeleli omkhulu.

[33]Ze ningalifaki umlaza ilizwe lakowenu. Kaloku ubugwinta buyalingcolisa ilizwe. Ibe ke ucamagushelo alunakwenzelwa ilizwe ekuphalazwe igazi kulo, ngaphandle kokuba kuphalazwe igazi lesigwinta eso.

[34]Ningaze nilifake umlaza ilizwe enihlala kulo; kaloku mna ndinguNdikhoyo, ndihlala phakathi kwabantu bam amaSirayeli."

Eyasentlango 36

Ilifa lababhinqileyo

[1]Iinkulu zendlu yakwaGiliyadi unyana kaMakire umzukulwana kaManase unyana kaJosefu, zaya kuMosis enezinye iinkokheli.

[2]Zafika zathi: " UNdikhoyo wakuyalela ukuba amaSirayeli uwabele umhlaba ngamaqashiso. Ngokunjalo wathi umhlaba womntakwethu uZelofehadi uze uwunike iintombi zakhe.

[3]Kambe ke xa zithe zendela ndlwini yimbi, loo mhlaba wazo uwela kuloo ndlu; ngaloo

pertence será tirada da herança dos nossos antepassados e acrescentada à herança da tribo com a qual se unirem pelo casamento.

[4] Deste modo, quando chegar o ano do Jubileu para os filhos de Israel, a parte da herança dessas mulheres será acrescentada à parte da tribo à qual vão pertencer, e será subtraída da parte da nossa tribo!"

[5] Então, orientado por Yahweh, transmitiu aos israelitas a seguinte ordem: "A tribo dos descendentes de José falou com justiça.

[6] Eis o que Yahweh ordena quanto às filhas de Zelofeade: Elas têm permissão para casar-se com quem lhes parecer bem, contanto que se casem dentro do clã da tribo de seu pai.

[7] A herança dos filhos de Israel não passará de tribo a tribo; os israelitas permanecerão vinculados, cada um, à herança da sua tribo.

[8] Qualquer filha que possuir uma herança em uma das tribos dos filhos de Israel deverá casar-se com um homem de um clã da sua própria tribo paterna, de modo que os filhos de Israel conservem, cada um, a herança de seu pai.

[9] Uma herança não poderá ser transferida de uma tribo para outra, pois cada tribo israelita deverá manter as terras que herdou!"

[10] As filhas de Zelofeade fizeram exatamente de acordo com que o SENHOR havia ordenado a Moisés.

ndlela ke umhlaba olilifa lethu utsho unciphe.

[4]Ngonyaka wobuyiselo xa yonke imihlaba ebithengiwe ibuyiselwa kubanini bayo bamandulo, imihlaba yeentombi zikaZelofehadi ibuyela kwezo zindlu zendele kuzo; ngaloo ndlela ke uyancipha umhlaba olilifa lakowethu."

[5]Ngoko ke uMosis wathetha namaSirayeli, wawanika lo myalelo kaNdikhoyo uthi: "Le nto ithethwa ngamaManase yinyani.

[6]Ngoko ke uNdikhoyo uthi: 'Iintombi zikaZelofehadi zikhululekile ukuba zendele nakubani na, kodwa ke kube kwakule ndlu yakowazo.

[7]Umhlaba olilifa lendlu yakwaSirayeli mawungadluleli kwizindlu ngezindlu. Umhlaba womSirayeli ngamnye kufuneka uhlale ungowaloo ndlu azalwa kuyo nanini na.

[8]Intombi yomSirayeli efumene ilifa lomhlaba kufuneka yendele kwakuloo ndlu yakowayo. Ngale ndlela ke umhlaba wookhokho bendlu ethile uya kujikeleza kwakuloo ndlu,

[9]ungaze uphuncuke uye ndlwini yimbi. Umhlaba wendlu nganye uya kuhlala ungowaloo ndlu nanini na.' "

[10-11]Ke kaloku uMala, uTiza, uHogela, uMilika, noNoha, iintombi zikaZelofehadi,

[11] As filhas de Zelofeade, Maalá, Tirza, Hogla, Milca e Noa, casaram-se com seus primos paternos,

[12] dentro dos clãs dos descendentes de Manassés, filho de José, e a herança delas permaneceu no clã e na tribo de seu pai.

[13] Portanto, são essas as leis e os mandamentos que Yahweh ordenou aos israelitas por intermédio de Moisés nas Campinas de Moabe, junto ao Jordão, a caminho de Jericó, que ficava no outro lado do rio.

zenza ngokomlomo kaNdikhoyo kuMosis, zendela kwimizi yendlu yakowazo.

[12]Ewe, zendela kwakwimizi yendlu kaManase unyana kaJosefu, yaza ke ngolo hlobo imihlaba kayise ayaphuma kule ndlu yakowazo.

[13]Nantso ke imiyalelo nemimiselo eyanikwa amaSirayeli nguNdikhoyo ngoMosis, kuloo mathafa aseMowabhi phesheya kweJordan malunga neJeriko.

Deuteronômio	Uhlaziyo-Mnqophiso

Deuteronômio 1

O discurso de Moisés na planície do Jordão

[1] Estas são as palavras transmitidas por Moisés a todo o povo de Israel no deserto, a leste, do outro lado do Jordão, na planície defronte do mar Vermelho, entre Parã e Tofel, Labã, Hazerote e Di-Zahav.

[2] Em onze dias de marcha, pelo caminho dos montes de Seir, é possível ir de Horêv, Horebe, a Cadesh-Barnêa, Cades-Barneia.

[3] No quadragésimo ano, no primeiro dia do décimo primeiro mês, Moisés falou aos filhos de Israel, conforme tudo o que Yahweh lhe ordenara a respeito deles.

[4] Esse fato ocorreu logo depois que Moisés derrotou Seom, rei dos amorreus que habitava em Hesbom, e Ogue, rei de Basã, que vivia em Asterote.

[5] Quando os israelitas estavam no outro lado do Jordão, a leste, nas terras de Moabe, Moisés começou a explicar ao povo esta Torá, a Lei, dizendo:

[6] "Assim falou-nos Yahweh nosso Deus, no Horebe: 'Já permanecestes tempo suficiente neste lugar.

[7] Levantai vosso acampamento e retomai vossa caminhada em direção à região serrana dos amorreus; ide a todos os povos vizinhos no vale do Rio Jordão, na Arabá, pela faixa de terra de relevo variável entre a planície costeira e as montanhas, a Sefalá,

Uhlaziyo-Mnqophiso 1

Intshayelelo

[1]Le yintetho uMosis awayibhekisayo kumaSirayeli xa ayesentlango phesheya kweJordan kwicala lasempumalanga. Babekwintili yeJordan ngaseSufi, phakathi kweParan nezi dolophu: iTofele, iLabhan, iHazeroti, neDizahabhi.

[2]Luhambo lweshumi elinanye lweentsuku ukusuka kwintaba iHorebhe ukuya eKadeshe-bhaneya xa udlula kweleentaba lase-Edom.

[3]Ngomhla wokuqala kwinyanga yeshumi elinanye yonyaka wamashumi amane amaSirayeli aphumayo eJiputa, uMosis wawaxelela zonke izinto awayeziyalelwe nguNdikhoyo malunga nawo.

[4]Ngeli xesha ke kwakusemveni kokoyiswa kokumkani uSihon wama-Amori owayehlala eHeshbhon; ngokunjalo nokumkani uOgi waseBhashanowayekwiidolophu iAshtaroti ne-Edreyi.

[5]Apho phesheya kweJordan kumhlaba waseMowabhi uMosis wasuka wayichaza imithetho kaThixo, wenjenje:

[6]"Xa sasikwintaba iHorebhe uNdikhoyo uThixo wethu wathetha nathi, wathi: 'Seninethuba elide nikule ntaba.

[7]Ngoko ke ndulukani, nisinge ngakumhlaba weentaba wama-Amori, niye kwizizwe eziwungqongileyo kwintili yeJordan, nommandla weentaba ngokunjalo, namathafa kumazantsi aloo ngingqi, ukuya kuthi xhaxhe kunxweme lolwandle. Ewe,

no Neguebe. E ao longo da faixa litorânea do mar Mediterrâneo, à terra dos cananeus e ao Líbano, até o grande rio, o Eufrates.

8 Eis, portanto, a terra que Eu vos dei! Entrai para possuir a terra que o SENHOR, sob juramento, prometera dar a vossos pais, Abraão, Isaac e Jacó, e depois deles, à sua descendência!'

9 Naquele tempo eu vos afirmei: Sozinho, não sou capaz de conduzir-vos.

10 O Eterno, vosso Deus, vos multiplicou e eis que hoje sois tão numerosos como as estrelas do céu!

11 Que Yahweh, Deus dos vossos pais, vos multiplique mil vezes mais, e vos abençoe, conforme vos prometeu!

12 Como poderia eu, sozinho, levar as vossas cargas, vossos problemas, vossas questões e litígios?

13 Elegei homens sábios, inteligentes e competentes, para cada uma das vossas tribos, e eu os constituirei vossos chefes!

14 Então, vós me respondestes: 'O que propões é bom e útil!'

15 Assim, convoquei os chefes das tribos, homens sábios e experientes e os designei para chefes de mil, de cem, de cinquenta e de dez, além dos oficiais, escribas, para cada tribo.

jongani kwelaseKanana, niphumele kwiintaba zeLebhanon, niyokuthi gaa ngomlambo omkhulu iEfrati.

8Niyabona, lo mhlaba ndiwunika nina. Ngoko ke hambani niwuthathe, nime kuwo. Kaloku ndênza isibhambathiso sokuwunika ookhokho benu, uAbraham, uIsake, noYakobi, ngokunjalo nezizukulwana zabo.' "

Ukunyulwa kwamagosa
(Mfud 18:13-27)

9"Kaloku ngelo thuba sasikwintaba iHorebhe ndathetha nani, ndathi: 'Mna andinakunithwala ndindodwa.

10Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unandise nayinyambalala enjengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni.

11Kambe ke uNdikhoyo uThixo wookhokho benu wanga anganandisa kaliwaka, anithamsanqelise ngokwesithembiso sakhe!

12Kodwa ke, uxanduva olungaka lokusombulula amaqhina anixakayo ndingaluthwala njani ndedwa? Nditsho imithwalo yenu neembambano zenu.'

13Kungoko ke ndathi: 'Kwindlu nganye khethani amadoda azizilumko ezaziwayo, amadoda anamava, ukuze ndiwamisele ajongane nezidla umzi.'

14Ke nina naphendula nathi: 'Kuhle oku uceba ukukwenza.'

15Ngoko ke ndawathatha loo madoda azizilumko anamava naniwakhethe ngokwezindlu zenu, ndawamisela ukuba ajongane neengxaki zenu. Ndawamisa ke ajongana namaqela angabantu abangamawaka, amakhulu, namashumi ngamahlanu, namashumi ngamanye.

[16] Naquela ocasião ordenei aos vossos juízes: Ouvireis vossos irmãos para fazerdes justiça entre um homem e seu irmão, ou o estrangeiro que habita com ele.

[17] Não façais acepção de pessoas no julgamento: ouvireis de igual modo o pequeno e o grande. A ninguém temais, porque a sentença é de Deus. Se a causa for muito difícil para vós, vós a dirigireis a mim, para que eu a ouça!

[18] E, assim, naquela época eu vos dei orientação a respeito de tudo o que deveríeis fazer.

[19] Mais tarde, conforme Yahweh, o nosso Deus, nos havia ordenado, partimos de Horebe e marchamos em direção à serra dos amorreus, atravessando todo aquele imenso e terrível deserto – vós bem o vistes! E assim chegamos a Cades-Barneia.

[20] Então eu vos disse: Chegastes à montanha dos amorreus que o Eterno, nosso Deus, nos dará.

[21] Eis que Yahweh, teu Deus, te entregou esta terra: sobe, pois, para possuí-la, conforme te ordenou o SENHOR, Deus dos teus pais! Não tenhas medo, nem te apavores!

[22] Vós todos, então, vos achegastes a mim para sugerir: “Enviemos homens, à nossa frente, em missão de reconhecimento da região e que nos informem a respeito das

Ngokwenjenjalo ndaba ndinimisela amagosa ngokwezindlu zenu zonke.

[16]“Ngelo xesha ke ndabayalela abaphicotha iimbambano ezivelayo phakathi kwenu, ndathi: ‘Umcimbi ngamnye ze niwuphicothe ningenaxanasi, noba ngowamaSirayeli odwa okanye ngowomSirayeli nomngeneleli.

[17]Ze ningakhethi buso xa nigwebayo, koko ze nigwebe ulowo nalowo, noba ungubani na, ngokufanayo. Ze ningabi nadyudyu, ningoyiki mntu, kuba nigweba ngegunya likaThixo. Ke yona imicimbi enoyisayo ze niyizise kum, ndiyigwebe ngokwam.’

[18]Kwangelo thuba ke ndaniyalela yonke into enimelwe kukuyenza.”

Ukuthunyelwa kweentlola

(Ntlango 13:1-33)

[19]“Ke kaloku senza ngokomlomo kaNdikhoyo, sanduluka entabeni iHorebhe, sacanda kweso sidikidiki sentlango eyoyikekayo, sajonga kweleentaba kuma-Amori. Sathi ke sakufika eKadeshe-bhaneya

[20]ndathi ke mna: ‘Ngoku nifikile kumhlaba weentaba kwelama-Amori, mhlaba lowo asinika wona uNdikhoyo uThixo wethu.

[21]Niyabona, uNdikhoyo uThixo wenu, uninike lo mhlaba. Ngoko ke hambani niwuthathe, nime kuwo, njengoko uNdikhoyo uThixo wookhokho aniyalelayo. Sanukuba nexhala okanye noyike.’

[22]“Kambe ke nina nonke neza kum, nathi: ‘Masithumele iintlola, ziye kuwujonga umhlaba, zisicebise ngeyona ndlela singayithathayo, futhi zisicebise nangokuma kweedolophu zakhona.’

cidades em que poderemos entrar e por qual caminho deveremos subir”.

23 A ideia pareceu-me boa, de modo que tomei dentre vós doze homens, um de cada tribo.

24 Eles partiram, subindo a região montanhosa, e chegaram ao vale de Escol, explorando-o.

25 Tomaram consigo dos frutos da região e os trouxeram, relatando-nos o seguinte: “A terra que o SENHOR, nosso Deus, nos dará é boa!”

26 Contudo, vós não quisestes subir, rebelando-vos contra a ordem de Yahweh vosso Deus.

27 E murmurastes nas vossas tendas: “O SENHOR deve estar com ódio de nós! Fez-nos sair da terra do Egito para nos entregar nas mãos dos amorreus e nos destruir!

28 Para onde iremos? Nossos irmãos nos desencorajaram, afirmando: “É um povo mais numeroso e de estatura mais alta do que nós, as cidades são grandes e fortificadas até o céu. Também vimos ali enaquins, os descendentes dos gigantes”.

29 Então vos declarei: “Não fiqueis aterrorizados, nem tenhais medo deles!

30 Yahweh vosso Deus é quem vai à vossa frente. Ele combaterá a vosso favor do mesmo modo como já fez convosco no Egito, diante dos vossos olhos.

31 Também no deserto observastes como Yahweh vosso Deus vos levou, como um homem conduz seu filho amado, por todo o

23Ke kaloku sevana ngaloo ndawo, ndaza ke mna ndanyula ishumi elinambini lamadoda, yanye kwindlu nganye.

24Wona ke ahamba aya kutsho kweleentaba, aya kuma kwintili ye-Eshkoli, aza ke ayihlola.

25Ekubuyeni kwawo asiphathela iziqhamo zakhona, enza nengxelo ethi elo lizwe asinika lona uNdikhoyo uThixo wethu lihle liyintombazana.

26“Kambe ke nina navukelana nawo umyalelo kaNdikhoyo uThixo wenu, anavuma ukungena kulo elo lizwe.

27Nahlala phantsi nakhalaza, nisithi: ‘UNdikhoyo usithiyile; ebengekhe asikhuphe kwelaseJiputa, aze azokusibeka esichengeni sokubulawa ngala ma-Amori!

28Siya kuya phi na ke ngoku? Andithi kaloku nala madoda besiwathumile asityhafisile esithi abantu belo lizwe bomelele, futhi bade kunathi, ngokunjalo bahlala kwiidolophu ezinkulu ezibiyelwe ngeendonga ezirhec' izulu; kananjalo babone neengxilimbela ezingoonyana baka-Anaki!’

29“Ke mna ndaniyala ndisithi: ‘Musani ukuba nedyudyu nixhalabe ngenxa yabo!

30UNdikhoyo uThixo wenu nguye onikhokelayo. Yena wonilwela njengoko nambonayo esenjenjalo eJiputa

31nasentlango. Andithi kaloku yena wanibeleka njengoko uyise enjenjalo kunyana wakhe, yonke loo ndlela kude kube ngoku?’

caminho que percorrestes até que chegásseis a este lugar!”

32 Apesar disso, ninguém dentre vós confiava no SENHOR vosso Deus,

33 que vos precedia no caminho, procurando um lugar para o vosso acampamento: de noite por meio do sinal do fogo, para que pudésseis enxergar o caminho que percorríeis, e durante o dia, por meio da grande nuvem.

34 E Moisés continuou suas palavras: “Quando o SENHOR ouviu vossas queixas e ladainhas, Ele ficou extremamente irado e proclamou este juramento:

35 “Nenhum dos homens desta geração perversa verá a boa terra que Eu jurei dar a vossos pais,

36 exceto Calebe, filho de Jefoné. Ele verá, e Eu darei a ele e a seus descendentes a terra em que pisou, pois seguiu Yahweh fielmente, de todo o coração!”

37 Por vossa causa o SENHOR enfureceu-se até mesmo contra mim, e determinou: “Igualmente tu não entrarás na terra prometida!”

38 Contudo, teu auxiliar, Josué, filho de Num, entrará. Encoraja-o, porquanto é ele quem conduzirá o povo de Israel a tomar posse da terra.

39 Vossos meninos, entretanto, dos quais dizeis que seriam tomados como presa, vossos filhos que ainda não sabem discernir entre o bem e o mal, eles é que lá estarão; Eu darei a terra a eles para que a dominem.

32Kodwa ke, nakuba kunjalo, animthembanga uNdikhoyo uThixo wenu,

33kanti nguye owayesoloko enikhokela ade anifunele nendawo eningamisa kuyo. Ewe, kaloku wayenikhokela ngelangatye lomlilo ebusuku, ukuze niyibone indlela emanihambe ngayo, aze anikhokele ngomqulu welifu emini.”

Ukohlwaywa kwamaSirayeli

(Ntlango 14:20-45)

34“Ke kaloku uNdikhoyo akuziva izikrokro zenu wakhathazeka, wada wafunga wathi:

35‘Inene, akukho namnye kuni, sizukulwanandini esigwenxa, uya kungena kwelo lizwe lihle kunene ndabathembisa ngalo ngesifungo ooyihlo-mkhulu.

36Kuphela longenwa nguKalebhi unyana kaJefune. Kaloku yena wahlala enyanisekile kum, ndaye ke elo lizwe walihlolayo ndiza kulinikela kuye nesizukulwana sakhe.’

37“Kwakukwangenxa yenu ukuze uNdikhoyo akhathazeke, athi kum: ‘Nawe ngokwakho soze uthi cakatha kwelo lizwe.

38Kambe ke ihlakani lakho, uYoshuwa unyana kaNune, nguye oya kulingena elo lizwe; mkhuthaze, kuba nguye oya kungenisa uSirayeli kwelo lizwe elililifa lakhe.’

39“Ngaphezu koko ke uNdikhoyo wathi: ‘Ngabantwana benu kuphela abaya kungena kwelo lizwe; nditsho abo bangekakwazi ukwahlula okubi kokuhle, abo kanye nanisithi nina boba ngamaxhoba otshaba.

[40] Quanto a vós, dai meia-volta agora mesmo e parti pelo deserto, em direção ao mar Vermelho!”

[41] Vós, porém, me rogastes: “Pecamos contra Yahweh nosso Deus! Vamos subir para lutar, conforme nos ordenou o SENHOR nosso Deus!” Cada um dentre vós preparou-se com as armas de guerra, achando que seria fácil subir aquela região montanhosa.

[42] Então, Yahweh falou comigo: “Dize-lhes assim: Não subais nem luteis, para não serdes vencidos por vossos inimigos, pois Eu não estarei no vosso meio!”

[43] Assim vos comuniquei. Contudo, não me ouvistes, rebelando-vos contra as ordens de Yahweh, o SENHOR: subistes presunçosamente em direção à montanha.

[44] O povo amorreu, que habitava aquela região montanhosa, saiu contra vós, perseguindo-vos como abelhas enfurecidas, e vos arrasou desde Seir até Hormá.

[45] Voltastes e pranteastes grandemente diante de Yahweh; todavia o SENHOR não deu ouvidos aos vossos clamores e lamentos, nem mesmo vos deu atenção.

[46] E por isso tivestes de morar em Cades, onde permanecestes durante muito tempo.

Deuteronômio 2

Moisés fala acerca dos edomitas, moabitas e amonitas

[1] Foi assim que demos meia-volta e partimos novamente para o deserto pelo caminho do mar Vermelho, exatamente

Elo lizwe ndiya kulinikela kubo, limiwe ngabo.

[40]Ke nina jikani, nisinge entlango ngendlela eya kuLwandle oluBomvu.’

[41]“Ke nina naphendula nathi kum: ‘Simonile uNdikhoyo. Ngoko ke siza kujika silihlasele elo lizwe ngokomlomo kaNdikhoyo uThixo wethu.’ Ngenene ke nonke naqulela imfazwe, nicinga ukuba yoba yindlwana iyanetha ukuhlasela eleentaba.

[42]Ke yena uNdikhoyo wathi kum: ‘Balumkise uthi: “Ningayi kulwa; andiyi kuhamba nani ndinilwele; niya koyiswa ziintshaba zenu.” ’

[43]Ndanixelela ke loo mazwi kaNdikhoyo, kodwa zange niwakhathalele. Ewe, nasuka namgwilikela, naza nathi ngelo kratshi lenu nalihlasela eleentaba.

[44]Asuka ke wona ama-Amori awayehlala kwezo ntaba, athi quba phezu kwenu oku kwebubu leenyosi. Aningena ke, aniswantsulisa, nada naya kufika eHoma, anoyisela kwezo ntaba zaseSeyire.

[45]Kweso sithuba ke naba ngazibika kuNdikhoyo nilila, suka wavingc' iindlebe, akaniphulaphula.

[46]“Ke kaloku nahlala eKadeshe ixesha elide.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 2

Ukubhadula entlango

[1]“Emva koko sanduluka sangena entlango ngendlela eya kuLwandle oluBomvu, ngokwelizwi likaNdikhoyo. Apho ke

como Yahweh me ordenara. E durante muitos anos andamos em redor dos montes de Seir.

sathatha ithuba elide ukujikeleza ezo ntaba zaseSeyire.

2 Então o SENHOR falou comigo:

2“UNdikhoyo ke wathetha nam, wathi:

3 ‘Já rodeastes bastante esta montanha. Dirigi-vos agora para o norte!

3‘Selilide ithuba nizama ukujikela le ntaba, ngoko ke jikani niye kwelasentla.

4 Ordena ao povo: Vós estais passando pelo território dos vossos irmãos, os descendentes de Esaú, que habitam em Seir. Eles vos temem, de modo que deveis ter muito cuidado:

4Ke ngoko uzubayale abantu, uthi: “Ngoku seniza kungena kweleentaba laseSeyire, umhlaba wamawenu inzala kaEsawu. Ke wona aza kunoyika,

5 não os provoqueis, pois nada vos darei da terra deles, nem sequer o espaço de um pé do seu território, porquanto foi a Esaú que Eu dei a posse dos montes de Seir.

5kambe ke ze nizilumkele ningawaqali, kuba kaloku andiyi kuninika nomhlathana lo kumhlaba wawo. Intaba yeSeyire ndayinika uEsawu nenzala yakhe.

6 Comprareis deles o alimento para comer e a água para beber; a preço de prata pagareis a eles!’

6Ukutya namanzi wathengeni kubo xa nidlulayo.” ’

7 Pois o Eterno, vosso Deus, vos tem abençoado em todo o trabalho da vossa mão; Ele acompanhou a vossa caminhada por este imenso deserto. Eis que durante quarenta anos Yahweh vosso Deus tem estado convosco e absolutamente nada vos tem faltado.

7“Khumbulani kaloku uNdikhoyo uThixo wenu unithamsanqele kuko konke enikwenzileyo. Unilondolozile ngalo lonke uhambo lwenu kwesi sithabazi sentlango. Kula mashumi mane eminyaka uNdikhoyo uThixo wenu ebenani, anaswela nto.

8 Assim, portanto, cruzamos o território dos nossos irmãos, os filhos de Esaú que habitam em Seir, e passamos pelo caminho de Arabá, da planície de Elate e Eziom-Geber. Retornamos e seguimos pela rota do deserto de Moabe.

8“Ngoko ke sanduluka, sagqitha eSeyire, nditsho kumhlaba wamawethu inzala kaEsawu, sayishiya indlela yasentlango ephuma e-Elati nase-Eziyon-gebhere eya kuLwandle oluFileyo, sajika sasinga kwintlango yaseMowabhi.

9 Então o SENHOR falou comigo: ‘Não molestes os moabitas e não os provoques à guerra, pois nada vos darei da terra que pertence a eles. Eu dei a região de Ar como propriedade aos descendentes de Ló’.

9UNdikhoyo wandiyala wathi: ‘Uze ungawabandezeli uwaqale amaMowabhi, inzala kaLothe, kuba ndiwaphe idolophu yaseAra. Ke andiyi kukunika nendawana le kumhlaba wawo.’

[10] Antigamente os emins habitavam nessas terras; era um povo forte e numeroso, homens altos como os gigantes enaquins.

[11] Assim como os enaquins, os emins também eram considerados refains, raça de gigantes; os moabitas, no entanto, chamam-nos de emins.

[12] Também em Seir antigamente habitavam os horeus. Mas os descendentes de Esaú os expulsaram e os extinguiram e se estabeleceram no seu lugar, assim como Israel fez para se apossar da terra que Yahweh lhe dera.

[13] 'Agora, levantai vosso acampamento e atravessai o vale de Zerede!' E assim atravessamos o vale e o ribeiro de Zerede.

[14] Transcorreram trinta e oito anos entre a época em que partimos de Cades-Barneia, e a nossa travessia do ribeiro de Zerede, período no qual ocorreu o que o SENHOR nos havia prevenido com juramento: morreram todos os homens daquela geração, que tinham idade de servir ao exército na guerra.

[15] A mão de Yahweh estava contra eles, eliminando-os do acampamento até sua completa destruição.

[16] Quando todos os homens capacitados para a guerra foram eliminados do meio do povo, pela morte,

[17] o SENHOR falou comigo:

[18] 'Hoje estás atravessando o território de Moabe, pela região de Ar,

[19] e te aproximas da fronteira dos amonitas. Não sejais hostis a eles, pois não vos darei parte alguma da terra que pertence aos

[10]"Apho ke eAra kwakumi uhlanga olomeleleyo, kusithiwa ngamaEma. Nawo ayeziingxilimbela njengama-Anaki.

[11]Kwanjengama-Anaki nawo kwakusithiwa ngamaRafa, kambe ke wona amaMowabhi ayesithi ngamaEma.

[12]Wona amaHori ayekade emi eSeyire, aza agxothwa yinzala kaEsawu, yawaphanzisa kwema yona kuloo mhlaba wawo, kwanjengokuba noSirayeli ezigxothile iintshaba zakhe kumhlaba awuphiwe nguNdikhoyo.

[13]"UNdikhoyo wathi: 'Sukani niwele umfula iZeredi.' Senjenjalo ke.

[14]"Ngoku ke kwakusekuyiminyaka emashumi mathathu anesibhozo saphumayo eKadeshe-bhaneya. Onke amajoni eso sizukulwana ayeselafa ngokomlomo kaNdikhoyo.

[15]UNdikhoyo wachasana nawo wada wawatshabalalisa kwathi nya.

[16]"Akuba loo majoni efe onke ke,

[17]uNdikhoyo wathi kum:

[18]'Namhlanje ke niza kucanda kumhlaba waseMowabhi ngaseAra.

[19]Xa nilapho ke noba kufuphi kumhlaba wama-Amon, inzala kaLothe. Ze ningawabandezi okanye niwaqale; kaloku

amonitas, porquanto Eu entreguei essas terras aos descendentes de Ló'.

[20] Essa região também era considerada terra de gigantes, os refains, que ali habitaram na antiguidade. Os amonitas os chamavam de zanzumins.

[21] Havia muitos deles, e eram altos, fortes, como os enaquins. O SENHOR extinguiu os zanzumins, e os amonitas ocuparam a região e se estabeleceram ali.

[22] O SENHOR fez o mesmo em benefício dos filhos de Esaú que vivem em Seir, quando exterminou os horeus diante deles. Os descendentes de Esaú os expulsaram e passaram a habitar aquelas terras até este dia.

[23] Semelhante fato ocorreu aos aveus, que habitavam em povoados próximos de Gaza, no litoral do mar Mediterrâneo; os caftoritas, vindos de Gaftor, a ilha de Creta, os aniquilaram e passaram a morar na cidade deles.

[24] 'Vamos! Levantai vosso acampamento e atravessai o ribeiro de Arnom. Eis que entrego em tuas mãos o amorreu Sihón, Seom, rei de Heshbón, Hesbom, com sua terra. Começa, pois, a conquista! Entra imediatamente em guerra contra ele.

[25] A partir de hoje começo a espalhar o terror e o medo de ti em meio aos povos que existem sob o céu! Eles ouvirão a tua fama, tremerão de medo diante de ti e desfalecerão.'

andiyi kuninika nento le kumhlaba endawunika wona.'

[20]"Lo mmandla ke ukwaziwa ngokuba ngumhlaba wamaRafa, gama elo lilelabantu ababemi khona ngaphambili, ke wona ama-Amon ayesithi ngamaZamzum.

[21]Nabo babeziingxilimbela njengama-Anaki. Babeluhlanga olomeleleyo, bebaninzi ngamanani. Phofu ke uNdikhoyo wabatshabalalisa, khon' ukuze umhlaba wabo umiwe ngama-Amon.

[22]UNdikhoyo wenza kwaloo nto kumaEdom, inzala kaEsawu leyo imi kweleentaba eSeyire. Wawatshabalalisa amaHori, khon' ukuze amaEdom eme kuloo mhlaba wawo. Asekuwo ke unanamhla.

[23]Ke amaKrete, awayevela kwisiqithi saseKrete, awatshabalalisa ama-Avi, awayemi ntlandlolo kwiidolophu zonke ukuya kuthi xhaxhe eGaza, aza ema khona.

[24]"Sakuba ke sigqithile eMowabhi, uNdikhoyo wathi: 'Ke ngoku sukani niwele umlambo iAnoni. USihon ukumkani wama-Amori oseHeshbhon sendimnikele esandleni senu, ngokunjalo nomhlaba wakhe. Mhlaseleni, niye niwuhluthe umhlaba wakhe.

[25]Ukusukela namhlanje bonke abantu belimiweyo ndiza kubenza banoyike, barhwaqeliswe yingxelo yoko nikwenzileyo.' "

Ukoyiswa kukaSihon
(Ntlango 21:21-30)

[26] Então, do deserto de Quedemote enviei mensageiros a Seom, rei de Hesbom, oferecendo paz e solicitando:
[27] “Deixa-nos passar por tua terra. Seguiremos somente pela estrada principal; não nos desviaremos nem para a direita nem para a esquerda.
[28] Quanto ao alimento de que necessitamos, tu nos venderás por preço em prata, tanto a comida que comermos como toda a água que bebermos. Tão somente permite-nos passar a pé,
[29] como fizeram os descendentes de Esaú, que habitam em Seir, e os moabitas, que moram na região de Ar. Assim chegaremos ao Jordão e, atravessando-o, entraremos na terra que Yahweh nosso Deus nos dá por herança.

[30] Contudo, Seom, rei de Hesbom, não nos permitiu passar por suas terras; pois o Eterno, teu Deus, lhe endureceu o espírito e lhe obstinou o coração, para o entregar na tua mão, como hoje ficou notório.

[31] Então Yahweh, o SENHOR, falou comigo: ‘Eis que já comecei a entregar-te Seom, juntamente com toda a sua terra. Começa, pois, a conquista para tomar posse das terras dele’.

[32] Assim, Seom saiu ao nosso encontro com todo o seu exército, para batalhar em Jaza.

[33] Entretanto o SENHOR, nosso Deus, o entregou a nós e o derrotamos, a ele, aos seus filhos e a todo o seu povo.
[34] Naquela época nos apossamos de todas as suas cidades e as aniquilamos por completo,

[26]“Ngoko ke ndathumela kukumkani uSihon waseHeshbhon xa thina sasikwintlango yeKedemoti, ndizama uxolo, ndisithi:

[27]‘Siyakubongoza, sivumele sinqumle emhlabeni wakho. Siya kuhamba ngqo, singaphumi endleleni.

[28]Ukutya namanzi esiwasebenzisileyo siya kuwahlawula. Kuphela into esiyifunayo kukugqitha nje emhlabeni wakho,

[29]side siye kuwela umlambo iJordan, singene kwilizwe esiliphiwe nguNdikhoyo uThixo wethu. Ke yona inzala kaEsawu eseSeyire ndawonye namaMowabhi aseAra asivumele ukuba sicande emhlabeni wawo.’

[30]“Kambe ke ukumkani uSihon wala ukuba sicande emhlabeni wakhe. Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu wayemenze wanenkani waqaqadeka, khon' ukuze simoyise siwuthathe lo mhlaba wakhe simi kuwo unangoku.

[31]“UNdikhoyo ke wathetha nam, wathi: ‘Uyabona ke, ukumkani uSihon sendimgqibile; akusekho yakhe. Ngoko ke ngenani niwuthathe umhlaba wakhe, nime kuwo.’

[32]Ke kaloku ukumkani uSihon waphuma nawo wonke umkhosi wakhe, weza kulwa nathi ngaseJaza.

[33]Kambe ke yena uNdikhoyo uThixo wethu wamnikela kuthi, samoyisa noonyana bakhe nawo wonke umkhosi wakhe.

[34-35]Ngokunjalo ke sahlasela satshabalalisa kuzo zonke iidolophu, amadoda, abafazi,

como anátema: matando homens, mulheres e crianças, sem deixar um só sobrevivente.

35 Contudo, ficamos com o gado e com os objetos de valor que encontramos nas cidades, tudo como despojo de guerra.

36 Desde Aroer, junto ao ribeiro do Arnom, e a cidade que fica no mesmo vale, até Gileade, não houve cidade inexpugnável, fortificada com muros altos demais para nós: Yahweh nosso Deus entregou-as todas a nós!

37 Somente da terra dos amonitas não te aproximaste, isto é, de toda a área do vale do Jaboque, e das cidades da região montanhosa, e de tudo o que Yahweh, o SENHOR, nos tinha proibido.

Deuteronômio 3

Moisés fala acerca de Ogue, rei de Basã

1 Depois retornamos e subimos em direção a Basã. Ogue, rei de Basã, saiu com todo o seu exército a fim de lutar contra nós na cidade de Edrei.

2 Então o SENHOR falou comigo: ‘Não o temas, pois entreguei em tua mão tanto a ele como a todo o seu povo e sua terra. Tu lhe farás exatamente como fizeste a Seom, rei do amorreus, que morava em Hesbom’.

3 Assim deu-nos Yahweh, nosso Deus, em nossas mãos, também Ogue, rei de Basã, e a todo o seu povo; e nós o combatemos até que nenhum sobrevivente lhe restasse.

ndawonye nabantwana, asashiya nempunde le. Iidolophu sazitshabalalisa; ke sathimba kuphela iinkomo namanye amaxhoba.

36Sazitshabalalisa zonke iidolophu ukusukela eArure ekungeneni kwintili yeAnoni, nesixeko esisembindini waloo ntili, ukuya kuthi gaa ngeGiliyadi. Ukomelela kweendonga zezo dolophu kwaba yintwan' encinci kuthi. NguNdikhoyo uThixo wethu owakunikela kuthi konke oku.

37Kambe ke asisondelanga kummandla wama-Amon, okanye kunxweme lomlambo iJabhoko, nakwiidolophu zomhlaba weentaba, nakuyo nayiphi na indawo esasingayalelwanga ngayo nguNdikhoyo uThixo wethu.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 3

Ukoyiswa kukakumkani uOgi

(Ntlango 21:31-35)

1“Ke kaloku senyuka saya eBhashan. Ke yena ukumkani uOgi waphuma nawo wonke umkhosi wakhe, wasihlasela ngase-Edreyi.

2 UNdikhoyo ke wathi kum: ‘Musani ukumoyika; ndimnikele ezandleni zenu, ndawonye nomkhosi wakhe, nawo wonke umhlaba wakhe. Nakuye yenzani kwangaloo ndlela nenza ngayo kuSihon ukumkani wama-Amori eHeshbhon.’

3“Ngoko ke uNdikhoyo wamnikezela kuthi nokumkani uOgi waseBhashan, saza samxabela ndawonye nabantu bakhe, akwasala namnye.

[4] Nós nos apossamos então de toda as suas cidades; não houve povoado que não tomássemos: sessenta cidades, todo o distrito real de Argobe, o reino de Ogue em Basã.

[5] Todas essas cidades eram fortificadas com altos muros, portas e trancas. Além delas havia várias cidades nos campos, abertas e sem muros.

[6] Nós as destruímos totalmente, como fizemos a Seom, rei de Hesbom, fazendo perecer, como anátema, em sacrifício completo, cada uma das cidades com seus homens, suas mulheres e crianças.

[7] Porém todo o gado e o despojo das cidades tomamos para nós, por presa.

[8] Foi dessa maneira que, naquele tempo, tomamos a terra dos dois reis amorreus, no outro lado, a leste do Jordão, que se estende desde o ribeiro do Arnom até o monte Hermom.

[9] Os sidônios denominam o Hermom de Siriom; os amorreus o chamam de Senir.

[10] Conquistamos todas as cidades do planalto e toda a região de Gileade e de Basã, até as cidades de Salcá e Edrei, cidades do reino de Ogue, na parte leste de Basã.

[11] Ogue, o rei de Basã, foi o último rei da raça de gigantes chamados refains. Seu sarcófago, feito de ferro, media quatro metros de comprimento por um metro e oitenta centímetros de largura, de acordo com o sistema de medidas usado naquela

[4]Ngokunjalo ke sazihlasela sazithatha zonke iidolophu zakhe, asashiya noba ibe nye. Xa zizonke yaba ziidolophu ezimashumi mathandathu yonke loo ngingqi yaseAgobhi, eyayiphantsi ko-Ogi ukumkani waseBhashan.

[5]Zonke ke ezo dolophu zazinqatyisiwe zibiyelwe ngeendonga, zinamasango omelezwe ngemivalo yentsimbi; phofu zazikho needolophu ezazingabiyelwanga.

[6]Zonke ke sazitshabalalisa, sabulala ndoda, mfazi, namntwana wembala, kanye kwangalaa ndlela senza ngayo kwiidolophu zikakumkani uSihon waseHeshbhon.

[7]Sazithimbela iinkomo namanye amaxhoba apho ezidolophini.

[8]“Ngelo thuba ke sawuthatha wonke umhlaba wezo kumkani zimbini zama-Amori, ngasempuma yomlambo iJordan, ukusuka kumlambo iAnoni ukuya kwintaba iHermon.

[9]Ke intaba iHermon yayibizwa ngokuba yiSiriyon ngamaSidon, ama-Amori wona esithi yiSenire.

[10]Sawuthatha wonke ummandla kakumkani uOgi waseBhashan: ezo dolophu zikuloo mathafa, ummandla waseGiliyadi naseBhashan, sada saya kutsho empuma kwiidolophu zaseSaleka nase-Edreyi.

[11]“Ukumkani uOgi waba ngowokugqibela kumaRafa. Wayelala ebhedini yentsimbi. Yayiziimitha ezine ubude, zikwisithuba sesibini ububanzi. Nangoku ke isekhona kwidolophu yama-Amon iRabha.”

época. A cama mortuária de Ogue ainda está na cidade de Rabá, cidade dos amonitas.

12 De toda a terra da qual tomamos posse naquele tempo, o território que vai de Aroer, junto ao ribeiro de Arnom, até mais da metade dos montes de Gileade com suas cidades, entreguei-o às tribos de Rúben e de Gade.

13 À meia tribo de Manassés dei o restante dos montes de Gileade e todo o território de Basã, o reino de Ogue. Toda a região de Argobe em Basã era conhecida na antiguidade como a terra dos refains.

14 Jair, um descendente de Manassés, conquistou toda a região de Argobe até os limites dos gesuritas e dos maacatitas; essa região recebeu seu nome, de modo que até nestes dias Basã é também chamada de Havót Iair, ou Fazendas de Jair.

15 A Maquir dei Gileade.

16 Mas aos rubenitas e gaditas dei desde Gileade até o vale de Arnom, cujo meio serve de fronteira; e até ao ribeiro de Jaboque, o limite dos filhos de Amom,

17 como igualmente a Arabá, a planície e a passagem para o outro lado do Jordão, como fronteira ocidental, desde Quinerete até o mar da Arabá, que é o mar Salgado, aos pés das colinas do Pisga, para o oriente.

18 Foi então que, naquela ocasião, eu vos transmiti esta ordem: 'Yahweh vosso Deus

Izindlu ezasala ngasempumalanga
(Ntlango 33:1-42)

12"Ukuwuthatha kwethu umhlaba osempumalanga yeJordan, amaRubhen namaGadi ndawanika ummandla ongasentla kweArure ngakumlambo iAnoni, nenxalenye yeleentaba zaseGiliyadi, ngokunjalo needolophu zakhona.

13Ke sona isiqingatha samaManase ndasinika loo mhlaba useleyo waseGiliyadi, ngokunjalo neBhashan iphela apho kwakulawula uOgi. Yonke loo ngingqi yaseAgobhi kwelaseBhashan yayisaziwa ngokuba ngumhlaba wamaRafa.

14UJayire wendlu kaManase wawuthatha wonke loo mmandla waseAgobhi, iBhashan, ukuya kutsho kwimimandla yaseGeshuri naseMahaka. Ezo dolophu ke wazithiya ngaye; nangoku ke kusathiwa zezikaJayire.

15Ke yona iGiliyadi ndayinika imizi kaMakire wendlu kaManase.

16AmaRubhen namaGadi ndawabela ummandla waseGiliyadi ukuya kumlambo iAnoni. Umbindi waloo ntili yangumda ongezantsi; umda ongasentla wona yangumlambo iJabhoko onxalenye yawo yayingumda wama-Amon.

17Ngasentshonalanga umda wabo wawuye kuthi xhaxhe ngomlambo iJordan; ngasentla usuka kuLwandle lwaseGalili uye kuthi gaa ngoLwandle oluFileyo ngezantsi, uze uye kuthi rhece kumalengalenga entaba iPisga empumalanga.

18"Kananjalo ngelo thuba ndaniyalela, ndathi: 'UNdikhoyo uThixo wenu uninikile

entregou-vos esta terra como propriedade. Vós, guerreiros, homens fortes, marchareis à frente dos vossos irmãos, os filhos de Israel, armados para a batalha!

[19] Somente vossas mulheres, vossas crianças e vosso gado, que eu sei que possuís, permanecerão nas cidades que vos dei,

[20] até que Yahweh tenha dado repouso aos vossos irmãos como a vós, e que também eles tenham conquistado a terra que o SENHOR vosso Deus lhes entregará, no outro lado do Jordão. Voltareis então, cada um para a propriedade que vos dei!'

[21] Nesta mesma época ordenei a Josué: 'Teus olhos foram testemunhas de tudo o que Yahweh nosso Deus fez a esses dois reis. Pois assim fará Yahweh a todos os reinos por onde passares.

[22] Portanto, não tenhais medo deles, pois quem combate por vós é Yahweh, o SENHOR, vosso Deus!'

A oração de Moisés para entrar em Canaã

[23] Roguei então a Yahweh:

[24] 'Ó Eterno Deus, meu Soberano SENHOR! Começaste a mostrar a teu servo tua grandeza e o poder da tua mão, pois que força divina há nos céus ou na terra que possa realizar as tuas obras e os teus sinais prodigiosos?

[25] Permite-me atravessar, eu te suplico, e ver a boa terra que se encontra do outro lado do Jordão, a esplêndida região montanhosa e o Líbano!'

loo mhlaba usempumalanga yomlambo iJordan ukuba nime kuwo. Ke wona umkhosi wenu wuxhobiseni, niwuthumele uwele iJordan, wandulele amawawo.

[19]Abafazi nabantwana, ngokunjalo nomhlambikazi weenkomo zenu, mabasale apha kwezi dolophu ndinabele zona.

[20]Wancedeni amawenu nawo ade azinze kuloo mhlaba awuphiwe nguNdikhoyo kwintshonalanga yomlambo iJordan, njengoko selenzile nakuni. Emva koko ke noba nako ukubuyela apha kulo mhlaba usisabelo senu.'

[21]"Ndaza ke ndathetha noYoshuwa, ndathi: 'Sowuyibonile ke into eyênziwa nguNdikhoyo uThixo wethu kookumkani ababini, uSihon no-Ogi. Úsaza kwenza kwaloo nto ke nakubo bonke ookumkani obahlaselayo kwelo lizwe ùya kulo.

[22]Ningaboyiki, kuba uNdikhoyo uThixo wenu nguye oza kunilwela.' "

UMosis uyàlèlwa ukungena eKanana

[23]"Kwangelo thuba ndambongoza uNdikhoyo, ndathi:

[24]'Mhlekazi Ndikhoyo, nakalokunje wena sowundikrobisile kumsebenzi wakho omkhulu omangalisayo oseluwuqalile. Akukho thixo wumbi ezulwini nasemhlabeni onako ukwenza imisebenzi enjengale uyenzileyo ukuba mikhulu!

[25]Ndiyakubongoza kaloku, Ndikhoyo, ndivumele ndiyiwele iJordan, ndiwubone loo mhlaba mhle kunene, ngaphesheya phaya, ezaa nduli zibukekayo ngokunjalo naloo ntaba yeLebhanon.'

[26] Contudo, por vossa causa, o SENHOR irritou-se contra mim e não quis atender às minhas súplicas; Yahweh respondeu-me apenas: ‘Basta! Não me fales mais nada a esse respeito!
[27] Sobe, pois, ao ponto mais alto das colinas de Pisga e observa a paisagem que se avista ao norte, para o sul, a leste e para o oeste. Vê a terra com os teus próprios olhos, porquanto não vais atravessar este Jordão!
[28] Passa tuas ordens a Josué. Encoraja-o e fortifica-o, pois é ele quem vai atravessar à frente deste povo, fazendo-o tomar posse da terra que estás contemplando!’
[29] Então ficamos acampados no vale, diante de Bete-Peor.

Deuteronômio 4

Moisés exorta o povo à obediência

[1] Mais tarde Moisés falou ao povo de Israel: “Agora, portanto, ó Israel, ouvi as leis e as instruções que eu hoje vos ensino a praticar, a fim de que vivais e entreis para possuir a terra que, Yahweh, o SENHOR, Deus dos vossos antepassados, vos dá.

[2] Nada acrescentareis ao que eu passo a vos ordenar, e nada tirareis também: observareis os mandamentos de Yahweh, vosso Deus, exatamente como prescrevo a vós.

[3] Vossos olhos foram testemunhas do que Yahweh realizou em Baal-Peor. O SENHOR, o vosso Deus, exterminou da vossa comunidade todos os que preferiram seguir a Baal-Peor;

[4] quanto, a vós, entretanto, permanecestes apegados a Yahweh vosso Deus, e, por esse motivo, estais todos vivos até hoje.

[26]“Kambe ke ngenxa yenu, bantundini, uNdikhoyo wacaphuka, akandiphulaphula, suka wathi: ‘Kwanele; sukuba sathetha nokuthetha! Andisafuni kuva nto ngalo mcimbi.
[27]Nto nje hamba uqabele kwincochoyi yentaba iPisga, ulibuke ujonge ngasentla, ezantsi, empuma, nasentshonalanga. Uya kulibona kuphela ngamehlo, kuba awusoze uwuwele umlambo iJordan.
[28]UYoshuwa myale, umkhuthaze, umomeleze, kuba nguye oza kukhokela amaSirayeli awele aye kuma kwelo lizwe ulibonayo.’
[29]Ngoko ke sahlala apho kuloo ntili ijongene neBhete-pehore.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 4

Intobeko elindeleke kuSirayeli

[1]UMosis wawayala amaSirayeli, wathi: “Le mimiselo ndinifundisa yona yithobeleni, khon' ukuze niphile, nibe nako ukungena kwelo lizwe niliphiwa nguNdikhoyo uThixo wookhokho benu.

[2]Le miyalelo kaNdikhoyo ndininika yona ze niyigcine, ningaze niyandise okanye niyinciphise.

[3]Nazibonela ngokwenu into awayenzayo uNdikhoyo eBhali-pehore. Wabatshabalalisa bonke ababenqula uBhali wasePehore,

[4]kambe ke nina enanibambelele kuNdikhoyo uThixo wenu nisekho unanamhla.

[5] Eis que vos ensinei todos os estatutos e normas, conforme Yahweh meu Deus me ordenara, para que os coloqueis em prática na terra em que estais entrando, com o objetivo de tomardes posse dela.

[5]“Niyabona ke, ndinifundise yonke imimiselo nemigaqo ngokomlomo kaNdikhoyo uThixo wam, khon' ukuze niyithobele nakulizuza elo lizwe niza kungena kulo.

[6] Sendo assim, cuidai de obedecer a eles e praticá-los, pois dessa maneira todos os demais povos observarão a sabedoria e o correto juízo que tendes. Ao ouvir todos esses decretos, os povos dirão: ‘Em verdade esta grande nação é constituída de um povo sábio e inteligente!’

[6]Yithobeleni niyigcine, zize ezinye izizwe ziniqonde ukuba ninobulumko nengqiqo. Zakuva ngale mimiselo ziya kutsho ukuthi: ‘Hayi, ukulumka nokuba nengqiqo kolu hlanga olukhulu!’

[7] Pois, que grande nação tem um Deus tão próximo e pessoal como o SENHOR, nosso Deus, sempre que o invocamos?

[7]Sisiphi na esinye isizwe esikhulu kangangokuba uthixo waso abe kufutshane kuso njengoko uNdikhoyo uThixo wethu esondele kuthi xa simthandaza?

[8] E qual a grande nação que tem leis e preceitos tão justos como esta Torá, Lei que eu vos estou apresentando neste dia?

[8]Sisiphi na esinye isizwe esikhulu kangangokuba sibe nemimiselo nemigaqo enjengalo mthetho endiwaneka phambi kwenu namhlanje?

[9] Tão somente guarda-te a ti mesmo e cuida bem da tua própria alma, a fim de que jamais te esqueças dos muitos sinais que os teus olhos contemplaram, e para que tais vivas recordações nunca se apartem do teu coração, em nenhum dia da tua vida. Ensina-as com dedicação aos teus filhos e aos teus netos.

[9]Lumkani ke, nizigcine ubomi benu bonke, hleze nikulibale konke enakubonayo ngamehlo enu, kulibaleke nakwiinkumbulo zenu. Ze nibalisele abantwana benu, ngokunjalo nabazukulwana

[10] No dia em que estavas diante de Yahweh, teu Deus, no Horebe, quando o SENHOR me ordenou: ‘Reúne-me o povo, para que Eu os faça ouvir a minha Palavra, a fim de que aprendam a respeitar-me com amor reverente por todo o tempo em que viverem sobre a face da terra, e assim ensinem a vossos filhos!’

[10]ngalaa mini nanimi phambi koNdikhoyo uThixo wenu kwintaba iHorebhe, apho wathetha nam wathi: ‘Bahlanganise ndawonye aba bantu, ukuze baweve amazwi am, bafunde ukundihlonela nanini na besadla amazimba kweli gada lomhlaba, nokuze bafundise nabantwana babo.’

[11] Vós vos aproximastes, postando-vos ao pé do monte. Toda a montanha ardia em chamas que subiam até o céu, e estava envolvida por uma nuvem escura e densa.

[12] Então, de repente, Yahweh falou a todos vós do meio das chamas. Ouvíeis claramente o som das palavras, mas não pudestes ver ninguém, nenhum ser tomou forma: nada, além de uma voz poderosa!

[13] Ele vos revelou então a Aliança que vos ordenara obedecer, os Dez Mandamentos, escrevendo-os sobre duas tábuas de pedra.

[14] Nessa mesma época Yahweh mandou-me ensinar-vos juízos e decretos, para que os cumprais na terra à qual estais entrando para herdá-la.

[15] Ficai, portanto, muito atentos a vós mesmos! Uma vez que nenhuma forma vistes no dia em que Yahweh vos falou no monte Horebe, do meio do fogo,

[16] não vos permitais corromper, fazendo para vós uma imagem esculpida em forma de ídolo: uma figura de ser humano, homem ou mulher,

[17] figura de qualquer animal em toda a terra, de qualquer ave que percorre os céus,

[18] de qualquer criatura que se move rente ao solo, ou figura de qualquer animal que vive nas águas debaixo da terra.

[19] Tudo isso para que, ao levantardes vossos olhos em direção ao céu e observardes o sol, a lua, as estrelas e todos os demais corpos celestes, não vos deixeis seduzir por esses astros para adorá-los e a eles servir! Porquanto, são apenas coisas que Yahweh,

[11]"Kaloku nakha nasondela nafika nema emazantsi entaba eyayigqunywe yintshinyela yomsi, inamalangatye omlilo awayedangazela esibhakabhakeni.

[12]UNdikhoyo wathetha nani ekuloo mlilo, naza nakuva ukuthetha kwakhe, kodwa anabi nako mpela ukubona ubuqu bakhe – ibililizwi kuphela.

[13]Wawubhengeza kuni umnqophiso wakhe emaniwuthobele, nditsho imithetho elishumi ayibhale kumacwecwe amabini amatye.

[14]UNdikhoyo wandiyala ukuba ze ndinifundise imimiselo nemigaqo eniya kuyithobela kwelo niwelela kulo ukuba nilimé."

Isilumkiso ngonqulo-zithixo

[15]"Xa uNdikhoyo wayethetha nani eselangatyeni lomlilo kwintaba iHorebhe, zange nisibone isiqu sakhe. Ncedani ke nizigcine,

[16]ningaze none ngokuziqingqela umfanekiso, noba uluhlobo luni na, noba yindoda okanye umfazi,

[17]isilwanyana okanye intaka,

[18]into erhubuluzayo noba yintlanzi.

[19]Ningaze nilingeke nizinqule nizibuse izinto enizibona esibhakabhakeni: ilanga, inyanga, neenkwenkwezi. UNdikhoyo uThixo wenu ezi zinto uziyekele ezinye izizwe ukuba zizinqule.

vosso Deus, distribuiu entre todos os povos que vivem debaixo do céu.

[20] Contudo, quanto a vós, o SENHOR vos tomou e tirou do meio da fornalha de fundir ferro, do Egito, a fim de que sejais o povo da herança de Yahweh, como hoje se observa claramente!

[21] Por vossa causa o SENHOR irou-se contra mim, jurando que eu também não atravessaria o Jordão e não entraria na boa terra que Yahweh, vosso Deus, está vos propiciando como herança!

[22] Eis que eu vou morrer deste lado da terra, sem atravessar o Jordão. Vós, porém, atravessareis e tomareis posse daquela boa terra.

[23] Entretanto, ficai atentos a vós mesmos, para não vos esquecerdes da Aliança que Yahweh vosso Deus estabeleceu convosco, e não fazerdes qualquer tipo de ídolo, imagem pintada, forjada ou esculpida que Yahweh, vosso Deus, vos proibiu,

[24] pois Yahweh, o teu SENHOR, o Eterno, é Deus zeloso; é fogo consumidor!

[25] Assim, mesmo depois que tiverdes vivido muitos anos na terra de Canaã, quando fordes idosos e tiverdes muitos filhos e netos, e vos corromperdes, agindo de forma contrária às ordens do SENHOR, fazendo ídolos de qualquer tipo e praticando o que é mau diante dos olhos de Yahweh, teu Deus, de modo a provocar a sua ira,

[26] invoco, a partir deste momento, o céu e a terra como testemunhas contra vós; porquanto havereis de ser depressa e completamente eliminados da face da terra da qual ides tomar posse em breve, ao

[20]Ke nina ningabantu uNdikhoyo abahlangule eJiputa kwiziko lomlilo. Wanikhupha apho, khon' ukuze anenze abantu bakhe ncakasana njengokuba kunjalo namhlanje.

[21]“Ngenxa yenu uNdikhoyo uThixo wenu waxabana nam, wafunga ukuba andiyi kuwuwela umlambo iJordan ndilibone ilizwe lendyebo aninika lona.

[22]Ngoko ke mna andizukuwuwela umlambo, koko ndiza kufela apha, kodwa ke nina seniza kuwela niye kuma kwelo lizwe lendyebo.

[23]Zigcineni kunene, ningaze niwulibale umnqophiso ophakathi kwenu noNdikhoyo uThixo wenu, nisuke niwugqithe umyalelo wakhe, niziqingqele umfanekiso noba ngowantoni na.

[24]Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu ngumlilo olenyayo; unguThixo onekhwele.

[25]“Naxa senaluphele kwelo lizwe, senide nanabantwana nabazukulwana, ukuba nithe nona ngokuziqingqela umfanekiso, noba ngoluhlobo luni na, nenza okubi phambi koNdikhoyo uThixo wenu, niyamcaphukisa.

[26]Ke ngoko namhlanje izulu nomhlaba ngamangqina am: ukuba nithe nenjenjalo niya kukhawuleza ningabikho kwelo lizwe. Aniyi kuhlala thuba lide phaya phesheya

atravessardes o Jordão. Não prolongareis vossos dias sobre a nova terra, pois sereis totalmente aniquilados!

27 Yahweh vos dispersará entre todos os povos e restará de vós apenas um pequeno número de pessoas, no meio das muitas e grandes nações para onde o SENHOR vos tiver conduzido.

28 Lá servireis a deuses feitos por mãos humanas, de madeira e de pedra, que não têm qualquer capacidade, não podem ver ou ouvir, comer ou sentir os aromas.

29 De lá, então, vais procurar Yahweh, teu Deus, e o encontrarás, se o buscares com todo o teu coração e com toda a tua alma.

30 Assim, quando estiveres sofrendo e todas as aflições caírem sobre ti, então, no futuro, ao final dos tempos, voltarás para o SENHOR, o teu Deus, e obedecerás à sua Palavra.

31 Pois, Yahweh, teu SENHOR, é Deus misericordioso; Ele não te abandonará, nem te destruirá, nem desprezará a Aliança que com juramento firmou com os teus pais.

32 Questiona, pois, os tempos passados, que te precederam, ó Israel, desde o dia em que Deus criou o ser humano sobre a terra: de um lado ao outro do céu, se já aconteceu algo tão grandioso ou já se ouviu algo semelhante?

33 Existe um povo que tenha ouvido a voz do Deus vivo falando do meio do fogo, como tu ouviste, e que tenha permanecido vivo?

kweJordan, kweli lizwe niya kulo ngoku. Niya kutshatyalaliswa niphele tu.

27UNdikhoyo uya kunisarhaza phakathi kwezizwe apho kuya kusinda iqaqobana nje kuni.

28Apho ke niya kunqula oothixo abenziwe ngabantu, abenziwe ngomthi, nangamatye: oothixo abangaboniyo, abangevayo, abangatyiyo, bengajoji nokujoja.

29Niya kuthi ke nakumfuna uNdikhoyo uThixo wenu nikuloo meko nimfumane; ewe, ukuba nimfuna nimlangazelela ngomxhelo wenu wonke niya kumfumana.

30Niya kuthi kamva nakuba sengxakini zibe zinihlele zonke ezi zinto, nitsho nibuyele kuNdikhoyo uThixo wenu, nimthobele.

31Yena unguThixo onemfesane. Akayi kunilahla kuphele, okanye anitshabalalise; ewe, akayi kuwulibala umnqophiso awawenza ngokwakhe nookhokho benu."

NguNdikhoyo yedwa uThixo

32"Ze nifunisise nibuzise ngamaxesha amandulo ningekazalwa, de kuye kwixesha apho uThixo wadala umntu emhlabeni. Ze nibuzise ehlabathini liphela. Ngaba into enjengale yakha yehla na ngaphambili? Ngaba ukhona na umntu owakha weva ngento enjengale?

33Ngaba sikho na isizwe esakha seva uThixo ethetha naso eselangatyeni lomlilo, saza saphila, njengani?

[34] Ou um Deus que tenha vindo para tomar para si uma nação do meio de outra nação, com provas, sinais, prodígios, obras maravilhosas e grandes batalhas, com mão poderosa e braço forte, com feitos temíveis e magníficos, conforme tudo o que Yahweh o SENHOR Deus realizou no Egito, em vosso favor, diante dos vossos olhos?

[35] Foi a ti Israel que Ele mostrou tudo isso, para que soubesses que Yahweh é Deus, o Único. E além dele não existe nenhum outro!

[36] Do céu Ele fez que ouvisses sua voz, para te disciplinar. Na terra Ele te levou a contemplar seu grande poder nas chamas, e ouviste claramente suas palavras vindas do meio do fogo.

[37] E porque Ele muito amou a teus pais, e depois deles escolheu sua descendência, Ele próprio te fez sair do Egito por meio de sua excelsa presença e de seu magnífico poder;

[38] expulsou nações maiores e mais fortes de diante de ti, com o propósito de fazer-te entrar e tomar posse, como herança, da terra que fora delas, como hoje se verifica.

[39] Portanto, reconhece neste dia e reflete em teu coração: Yahweh é o Único Deus, tanto nos mais altos céus, como cá embaixo, na terra. Não há nenhum outro!

[40] Obedece, pois, a seus preceitos e mandamentos que eu hoje te ordeno, a fim de que tudo corra bem a ti e a teus filhos muito depois de ti, e para que prolongues teus dias sobre a terra que o Eterno, teu Deus, te concede para todo o sempre!’

Moisés designa três das cidades de refúgio

[34]Ukhona na omnye uthixo owakha waphuthuma abantu kwesinye isizwe, waza wabenza abakhe ncakasana? Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu amandla obungangamsha bakhe wawabonakalisa phambi kwenu; wezisa izibetho neemfazwe, wenza imiqondiso nemimangaliso, watsho kwehla izinto ezirhwaqelisayo, nto leyo wayenzayo ngenxa yenu eJiputa.

[35]“UNdikhoyo unibonisile zonke ezi zinto, khon' ukuze niqonde ukuba akukho wumbi, nguye yedwa uThixo.

[36]Wahlokomisa ilizwi lakhe emazulwini kuba eniqeqesha. Nathi nilapha emhlabeni wanibonisa umlilokazi wakhe, waza wathetha nani elapho kuwo.

[37]Wathi ngenxa yokubathanda ookhokho benu waninyula wanikhupha kwelaseJiputa ngamandla akhe angummangaliso nangobukho bakhe,

[38]waza wagxotha izizwe ezikhulu nezinamandla kunani, khon' ukuze aningenise kwimihlaba yazo, mihlaba leyo iseyeyenu unanamhla.

[39]“Kuvumeni nikwamkele ukuba uNdikhoyo unguThixo wamazulu nehlabathi. Akukho Thixo wumbi ngaphandle kwakhe.

[40]Yonke imimiselo nemiyalelo yakhe endininike yona namhlanje yithobeleni, khon' ukuze liqaqambe ikamva lenu nezizukulwana zenu. Ngaloo ndlela ke niya kuma ngonaphakade kweli lizwe aniphe lona uNdikhoyo uThixo wenu.”

Iidolophu zokuphephela phesheya kweJordan

[41] E Moisés separou três cidades no outro lado do Jordão, na parte leste,

[42] para onde poderia fugir e se abrigar quem houvesse matado uma pessoa por acidente, sem querer ou intenção deliberada de matar. Nesse caso, o homicida perseguido poderia salvar a própria vida, refugiando-se em uma daquelas cidades.

[43] Sendo assim, as cidades escolhidas foram: Bezer, no planalto do deserto, destinada à tribo de Rúben; a cidade de Ramote, para a tribo de Gade; e Gola, em Basã, para a tribo de Manassés.

[44] Esta, portanto, é a Torá, a Lei que Moisés apresentou a todos os filhos de Israel.

[45] Estes são os mandamentos, preceitos, doutrinas e ordens que Moisés transmitiu como leis para os israelitas, quando saíram do Egito.

[46] Estavam, pois, do outro lado do Jordão, no vale fronteiro a Bete-Peor, na terra de Seom, rei dos amorreus, que habitava em Heshbón, Hesbom, a quem Moisés e os filhos de Israel derrotaram quando deixaram o Egito.

[47] Eles tomaram posse da terra dele e também conquistaram as terras de Ogue, rei de Basã, os dois reis amorreus que habitavam a leste do Jordão.

[48] Essas terras estendiam-se desde Aroer, na margem do ribeiro do Arnom, até o monte Sión, isto é, o Hermom,

[49] e incluía toda a região da planície, a Arabá, no lado oriental do Jordão, até o mar

[41]UMosis ke wakhetha iidolophu zantathu ngaphesheya empuma yeJordan,

[42]apho umntu wayengaphephela khona, ukuze asinde xa ebulele umntu ongelotshaba lwakhe ngengozi. Xa ebalekele kwezi dolophu wayengenakubulawa.

[43]Indlu kaRhubhen wayinika idolophu yaseBhezere kweso sithabazi sentlango; indlu kaGadi yona wayinika iRamoti kwelaseGiliyadi; waza ke yona indlu kaManase wayinika iGolani eBhashan.

Isingeniso somthetho kaThixo

[44-46]Ke kaloku uMosis wawandlala phambi kwamaSirayeli umthetho kaThixo, ewakhumbuza ngazo zonke izicwangciso nemimiselo nemigaqo yakhe. Kwakusemva kokuphuma kwawo eJiputa, xa ayekuloo ntili iphesheya kweJordan, malunga neBhete-pehore. Apha ke kwakukummandla owawukade ungokaSihon ukumkani wama-Amori owayehlala eHeshbhon. Kaloku uMosis namaSirayeli amoyisa ukuphuma kwabo eJiputa.

[47]Bema emhlabeni wakhe, ngokunjalo nakokaOgi ukumkani waseBhashan phesheya kweJordan, owayengomnye wookumkani ababini aba bama-Amori.

[48]Lo mhlaba ke wawusuka eArure ekungeneni komlambo iAnoni, ugongothe unyuke uyokutsho kwintaba iSiriyon (okanye intaba iHermon).

[49]Kwangokunjalo wawuthatha nengingqi ephesheya kweJordan uhle uyokutsho

Morto, abaixo das vertentes da colina, as encostas do monte Pisga, no leste.

kuLwandle oluFileyo, empuma uyokurheca amazantsi entaba iPisga.

Deuteronômio 5

A repetição dos dez mandamentos

1 Então Moisés mandou que todo o povo de Israel se reunisse e proclamou: “Ouve, ó Israel, os decretos e as leis que hoje comunico aos vossos ouvidos. Vós os aprendereis e buscareis aplicá-los à vida prática diária.

2 Yahweh, nosso Deus, estabeleceu conosco uma Aliança no monte Horebe.

3 Não foi com nossos pais que o SENHOR fez essa Aliança, mas sim conosco, com todas as pessoas que neste dia estão presentes a essa assembleia, todos vivos aqui.

4 Yahweh falou convosco face a face, sua voz se projetou do meio das chamas, no monte.

5 Naquela época eu fui colocado entre o SENHOR e vós, a fim de vos anunciar a Palavra de Yahweh, pois ficastes com medo do fogo e não subistes à montanha. Foi quando Ele nos disse:

6 ‘Eu Sou Yahweh, teu Deus, aquele que te libertou e fez sair da terra do Egito, da casa da escravidão!

7 Não terás outros deuses diante de mim.

8 Não farás para ti nenhum ídolo, nenhuma imagem, de nada que se assemelhe ao que existe lá em cima, no céu, ou cá embaixo, na terra, ou nas águas que estão debaixo da terra.

Uhlaziyo-Mnqophiso 5

Umnqophiso

(Mfud 20:1-17)

1Ke kaloku uMosis wawabiza onke amaSirayeli, waza wadanduluka wenjenje: “Hoyina, maSirayeli! Phulaphulani, nantsi imimiselo nemigaqo endiyibhengeza ezindlebeni zenu namhlanje. Yifundeni ngenyameko, nize niyithobele.

2Kwintaba iHorebhe uNdikhoyo uThixo wethu wenza umnqophiso nathi.

3Lo mnqophiso akawenzanga noobawo nje qha, koko wawenza nathi sonke ngabanye, thina baphilayo namhlanje.

4Apho kuloo ntaba uNdikhoyo wathetha nani ubuso ngobuso eselangatyeni lomlilo.

5Ngelo thuba ke mna ndema phakathi kwenu noNdikhoyo ndinivakalisela awayekuthetha, kuba kaloku nina nasuka noyika nakubona umlilo, anavuma ukusondela entabeni. “UNdikhoyo wathetha nani, wathi:

6‘Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho owakukhupha eJiputa apho wawulikhoboka khona.

7“ ‘Ungaze unqule thixo wumbi ngaphandle kwam.

8“ ‘Ungaze uziqingqele umfanekiso wothixo, nditsho nokuba ngowantoni na esesibhakabhakeni phezulu, okanye esemhlabeni phantsi, okanye nokuba yeyasemanzini aphantsi komhlaba.

[9] Não te prostrarás diante desses deuses tampouco lhes prestarás qualquer tipo de culto, porquanto Eu, o Eterno, sou Deus zeloso, que castigo os filhos pelo pecado de seus pais até a terceira e quarta geração daqueles que me desprezam,

[10] contudo dedico amor misericordioso até a milésima geração para com aqueles que me amam e obedecem aos meus mandamentos.

[11] Não tomarás em vão o Nome de Yahweh, teu Deus, pois o SENHOR não deixará impune aquele que usar seu Nome sem o devido respeito.

[12] Guardarás o dia do Shabbãth, sábado, a fim de santificá-lo, conforme o SENHOR, o teu Deus, te ordenou.

[13] Trabalharás seis dias e neles cumprirás todos os teus afazeres;

[14] o sétimo dia, porém, é um Shabbãth, sábado, de Yahweh, teu Deus. Nesse dia não farás obra ou trabalho algum, nem tu nem teu filho ou filha, nem o teu servo ou serva, nem o teu boi, teu jumento ou qualquer dos teus animais, nem o estrangeiro que estiver vivendo em tua propriedade, para que o teu servo e a tua serva descansem como tu.

[15] Recorda que foste escravo na terra do Egito, e que Yahweh, teu Deus, te libertou e tirou de lá com mão poderosa e com braço forte. Por isso o Eterno, o teu Deus, te ordenou guardar o dia de Shabbãth, sábado.

[16] Honra teu pai e tua mãe, conforme te ordenou o SENHOR, o teu Deus, a fim de

[9]Ungaze ukhahlele unqule umfanekiso oqingqiweyo; kuba mna Ndikhoyo Thixo wakho ndinguThixo onekhwele. Ndiyabohlwaya abandithiyileyo; ewe, ndohlwaya ooyise ndide ndiye kuqhina kwesesithathu nakwesesine isizukulwana sabo.

[10]Kodwa ke ndiphuphuma izibele kumawaka-waka abo bandithandayo beyithobela imiyalelo yam.

[11]“ ‘Ungaze ulikhankanye ngelize igama lam; mna Ndikhoyo Thixo wakho andiyi kumxolela ofumana alibize igama lam.

[12]“ ‘ UMhla wokuPhumla wugcine ulusuku olulodwa lwam njengoko mna Ndikhoyo Thixo wakho ndikuyalelayo.

[13]Sebenza imihla emithandathu, uwenze wonke umsebenzi wakho.

[14]Ke wona umhla wesixhenxe lusuku lwam olulodwa lokuphumla. Ngoko ke makungabikho mntu usebenzayo ngalo mhla; nditsho nawe, umntwana wakho, nesicaka sakho, nemfuyo yakho, ngokunjalo nomngeneleli ohlala phakathi kwenu. Nesicaka sakho masiphumle kwanjengawe.

[15]Kaloku khumbula ukuba nawe ubulikhoboka kwelaseJiputa, ndaza ke mna Ndikhoyo Thixo wakho ndakukhulula ngamandla obungangamsha bam. Yiyo ke le nto ndikuyalela ukuba uwubeke uMhla wokuPhumla.

[16]“ ‘Mhlonele uyihlo ndawonye nonyoko njengoko mna Ndikhoyo onguThixo wakho ndikuyalelayo, khon'

que tenhas longa vida e tudo te vá bem na terra que Yahweh teu Deus te concede.

17 Não matarás.

18 Não cometerás adultério.

19 Não furtarás.

20 Não darás falso testemunho contra o teu próximo.

21 Não cobiçarás a mulher do teu próximo. Não desejarás para ti a casa do teu próximo, nem o seu campo, nem o seu servo ou serva, nem seu boi, nem seu jumento, nem bem algum que pertença a teu próximo'.

O povo pede a Moisés para receber a lei do Senhor

22 Estas palavras proclamou Yahweh a toda a vossa congregação no monte, do meio do fogo, da nuvem e da densa escuridão, com alta e poderosa voz, e nada mais acrescentou. Então, tendo-as escrito em duas tábuas de pedra, entregou-as a mim.

23 Contudo, quando ouvistes a voz que vinha do meio das trevas, enquanto a montanha ardia em chamas, vós vos aproximastes de mim com todos os chefes de vossas tribos e demais anciãos e autoridades.

24 E suplicastes: 'Eis que Yahweh, nosso Deus, nos revelou sua glória e sua grandeza, e nós ouvimos claramente sua voz do meio do fogo. Hoje vimos que Deus pode falar ao ser humano sem que este deixe de viver.

ukuze ube nokuzinza uxhamle intlala-kahle kwelo lizwe ndikunika lona mna Ndikhoyo Thixo wakho.

17" 'Musa ukuba sisibulala-mntu.

18" 'Musa ukukrexeza.

19" 'Musa ukûba.

20" 'Musa ukungqina ubuxoki ngomnye umntu.

21" 'Musa ukunqwenela umfazi wenye indoda; ngokunjalo nomzi wayo, nentsimi yayo, nesicaka sayo, nenkomo yayo, nedonki yayo, nayo nantoni na eyeyomnye umntu.'

22"Nantso ke imithetho awayibhengezayo kuni uNdikhoyo xa ninonke ngokuya nanihlangene entabeni. Ewe, akukho yimbi imithetho awayivakalisayo ngokuya wayethetha ngelizwi elikhulu eselangatyeni lomlilo kwintshinyela yomsi. Ke yona wayibhala kumacwecwe amabini amatye, wayinika mna."

Ukoyika kwamaSirayeli

(Mfud 20:18-21)

23"Kaloku xa intaba yayingumlilo nje yonke, nathi nakuliva ilizwi esithokothokweni sobumnyama, amadoda amakhulu kunye neentloko zezindlu zenu eza kum,

24nathi: ' UNdikhoyo uThixo wethu usibonisile isihomo nobungangamsha bakhe; kaloku simve ethetha eselangatyeni lomlilo! Namhlanje siyaqonda ukuba kuyenzeka ukuba umntu aphile nangona uThixo athethe naye.

[25] E agora, por que iríamos morrer? Estas grandes chamas vão nos devorar! Se continuarmos a ouvir a voz de Yahweh, nosso Deus, nós vamos perecer!

[26] Em verdade, que homem mortal chegou a ouvir a voz do Deus vivo falando de dentro do fogo, como nós ouvimos, e sobreviveu?

[27] Aproxima-te, pois, tu, Moisés, para ouvir tudo o que Yahweh, nosso Deus, tem a dizer. Tu nos dirás tudo o que o Eterno, nosso SENHOR, te comunicar. Nós ouviremos atentamente e obedeceremos!'

[28] Yahweh compreendeu bem o sentido de vossas palavras quando falastes comigo, e me disse: 'Ouvi perfeitamente as palavras que este povo te dirigiu. Falaram com sabedoria e justiça.

[29] Como seria bom se eles sempre pensassem dessa maneira, e tivessem um coração disposto para obedecer a todos os meus mandamentos. Assim, tudo iria bem com eles e com os seus descendentes, para sempre!

[30] Vai, portanto, e dize-lhes que podem voltar às suas tendas.

[31] Tu, porém, permanece aqui comigo, para que Eu te diga todos os mandamentos, os decretos e as doutrinas que lhes ensinarás, a fim de que os pratiquem na terra que Eu dou a eles como propriedade!'

[32] Sendo, assim, tende todo o zelo para agirdes conforme vos ordenou Yahweh, vosso Deus. Não vos desvieis, nem para a direita, nem para a esquerda.

[33] Andareis em todo o caminho que Yahweh, vosso Deus, vos orientou para que

[25]Kodwa ke, ngani ukuba sizibeke emngciphekweni wokufa? Hayi bo! Laa ntleke-ntleke yomlilo iya kusitshabalalisa. Singafa ukuba uthe waqhubela phambili uNdikhoyo uThixo wethu ukuthetha nathi.

[26]Ngaba kukho mntu ukhe waphila akuba eve uThixo ophilayo ethetha njengoko thina simvileyo elangatyeni lomlilo?

[27]Hayi, Mosis, makuye wena, ukuphulaphule konke akuthethayo uNdikhoyo uThixo wethu; uze ke ubuye uze kusixelela. Ke thina siya kuphulaphula simthobele.'

[28]"Ke kaloku uNdikhoyo wathi akukuva ukuthetha kwenu, wathi kum: 'Ndiyivile into ethethwa ngaba bantu; ndiyayamkela.

[29]Akwaba bebeya kusoloko benezimvo ezinje! Akwaba bebeya kuhlala bendihlonipha bayithobele imiyalelo yam, khon' ukuze balungelwe bona nezizukulwana zabo naphakade.

[30]Yiya utsho kubo babuyele emizini yabo.

[31]Kambe ke, wena Mosis, sala apha kunye nam, ukuze ndikunike imiyalelo, nemimiselo, nemigaqo, uze uwafundise ke amaSirayeli, khon' ukuze ayithobele kwelo lizwe ndiwapha lona.'

[32]"MaSirayeli, noba sekutheni yenzani yonke into aniyaleleyo uNdikhoyo uThixo wenu. Yithobeleni yonke imithetho yakhe ningayityesheli nakancinane.

[33]Ewe, hambani ngokwemimiselo yonke kaNdikhoyo uThixo wenu, khon' ukuze

vivais, sendo, portanto, felizes e prolongando os vossos dias na terra de que haveis de tomar posse.

nizinze kwelo lizwe ningena kulo, nixhamle intlala-kahle nide nikhokhobe."

Deuteronômio 6

O fim da lei é a obediência

1 Estas são as leis, isto é, os decretos e os mandamentos, que Yahweh, o SENHOR, teu Deus, ordenou que eu vos ministrasse, a fim de que os coloqueis em prática na terra na qual estais entrando com o objetivo de tomardes posse dela.

2 Sendo assim, tu, teus filhos e teus netos temereis a Yahweh, o SENHOR vosso Deus, e obedecereis a todos os seus estatutos e mandamentos, que eu hoje vos ordeno, para que os guardeis durante toda a vossa existência, a fim de que vossos dias sejam felizes e se prolonguem na terra.

3 Portanto, ó Israel, ouve e cuida de pôr em prática o que será bom para ti e te multiplicará a descendência, conforme te afirmou Yahweh, Deus dos teus pais, ao entregar-te uma terra que produz leite e mel.

4 Shemá! Ouve, ó Israel: Yahweh, o nosso SENHOR, é o único Deus!

5 Amarás o SENHOR, teu Deus, com todo o coração, com toda a tua alma e com todas as tuas forças.

6 Que todas estas palavras que hoje te ordeno estejam em teu coração!

7 Tu as ensinarás com todo o zelo e perseverança a teus filhos. Conversarás sobre as Escrituras quando estiveres sentado em tua casa, quando estiveres andando pelo caminho, ao te deitares e ao te levantares.

Uhlaziyo-Mnqophiso 6

Umyalelo omkhulu

1"Nanku ke umyalelo, imigaqo, nemimiselo endithunywe nguNdikhoyo uThixo wenu ukuba ndinifundise yona. Ngoko ke ze niyithobele nakufika kwelo lizwe niya kulo.

2Ngalo lonke ithuba lobomi bakho, wena nezizukulwana zakho, kufuneka nimhlonele uNdikhoyo uThixo wakho, uyithobele imithetho nemiyalelo yakhe endikunike yona, khon' ukuze ube nokuxhamla ubomi obude.

3Hoyina, maSirayeli! Yiphulaphuleni niyithobele le miyalelo! Xa niyenzile ke loo nto nolungelwa nande kakhulu kwelo lizwe lendyebo eliphuphuma ubisi nobusi, elo nilinikwa ngokwesithembiso sikaNdikhoyo uThixo wooyihlo.

4"Hoyina, Sirayeli! UNdikhoyo nguThixo wethu, uNdikhoyo yedwa qwaba!

5Ngoko ke mthande uNdikhoyo uThixo wakho ngomxhelo wakho wonke, nangomoya wakho wonke, ngokunjalo nangamandla akho onke.

6Le miyalelo ndikunika yona namhlanje mayilawule bonke ubomi bakho.

7Uze uyibethelele ekufundiseni abantwana bakho, uthethe ngayo xa usekhaya, kanti noba useluhambeni, naxa ulalayo, ngokunjalo naxa uvukayo.

[8] Também atarás estas palavras como um sinal na tua mão e em teu braço e as prenderás à tua testa como Tefilin, filactérios.
[9] Tu escreverás as palavras do SENHOR nos umbrais da tua casa, e em teus portões, mezuzotes.

[10] Quando Yahweh, teu Deus, te fizer entrar à terra que Ele, sob juramento, prometeu a teus pais, Abraão, Isaque e Jacó, que te daria; terra constituída de grandes e boas cidades que tu não construíste,
[11] com casas repletas de tudo o que há de melhor, de obras e bens que não produziste, com cisternas que não cavaste, com vinhas e oliveiras que não plantaste. Quando, enfim, tudo isso se realizar, e comeres e estiveres saciado,
[12] fica atento, pois, à tua própria pessoa! Não te esqueças de Yahweh, que te fez sair da terra do Egito, da casa da escravidão!
[13] É a Yahweh, o SENHOR, teu Deus, que deverás amor reverente, temor. A Ele servirás e pelo seu Nome jurarás!
[14] Não seguirás outros deuses, qualquer um dos povos que estão ao teu redor,
[15] pois Yahweh, o teu Deus, que habita no meio de ti, é Deus zeloso; a ira do Eterno, o teu Deus, se inflamará contra ti, e Ele te exterminará da face da terra.
[16] Não porás à prova a Yahweh, teu Deus, como o experimentaste em Massá.
[17] Observarás cuidadosamente os mandamentos de Yahweh, teu Deus, bem como os preceitos e decretos que Ele te ordenou.

[8]Uze uyiqhinele ibe ngumqondiso esandleni sakho, ngokunjalo nasebunzi, khon' ukuze ihlale isisikhumbuzo.

[9]Uze uyikrole emigubasini, ngokunjalo nasemasangweni akho.”

Ingozi yokungeva

[10]“Ngokwesifungo sakhe kookhokho benu, uAbraham, uIsake,noYakobi, uNdikhoyo uThixo wenu uya kuninika ilizwe elizixeko zihle zikhulu, nangona phofu ungazakhanga ngokwakho.

[11]Izindlu zakhona ziphuphuma ubuyoko-yoko ongabulalekanga ngabo. Uya kufumana amaqula aselembiwe, ngokunjalo nezidiliya nezinquma esezityaliwe. Xa sowusitya uhlutha

[12]uze ulumke hleze umlibale uNdikhoyo owakukhulula ulikhoboka kwelaseJiputa.

[13]“Uze umhlonele uNdikhoyo uThixo wakho, ukhonze yena yedwa,izifungo zakho uzenze ngegama lakhe.

[14]Ungaze ulandele thixo wumbi, nditsho nowezo zizwe zikuphahlileyo,

[15]hleze umsindo kaNdikhoyo uvuthe, anitshabalalise ningabikho kulo mhlaba. Kaloku uNdikhoyo uThixo wakho ohlala phakathi kwenu nguThixo onekhwele.

[16]“UNdikhoyo uThixo wenu ze ningamlingi njengoko nênzayo eMasa.

[17]Iziyalo nezicwangciso ngokunjalo nemimiselo eniyinikwe nguNdikhoyo uThixo wenu ze niyithobele ngenyameko.

[18] Farás o que é justo e bom aos olhos de Yahweh, para que tudo te corra bem e venhas a possuir a boa terra que o SENHOR prometeu a teus pais,

[19] expulsando da tua frente todos os teus adversários. Assim falou Yahweh!

[20] No futuro, quando teus filhos perguntarem: 'Qual o significado de todas estas leis, estatutos e doutrinas que o Eterno, o nosso Deus, vos ordenou?'

[21] Responderás a eles: 'Nós éramos escravos no Egito, mas Yahweh nos libertou e nos fez sair do Egito com mão forte!

[22] O SENHOR realizou, diante dos nossos olhos, sinais, obras portentosas e juízos terríveis contra o Egito, contra o Faraó e contra toda a sua casa,

[23] Quanto a nós, entretanto, fez-nos sair de lá para nos conduzir até aqui e nos conceder em herança a terra que, sob juramento, havia prometido a nossos pais.

[24] O SENHOR ordenou-nos então cumprirmos todas estas ordenanças, amando reverentemente a Yahweh nosso Deus para que tudo nos corra bem, todos os dias; para dar-nos vida, como hoje se pode constatar claramente.

[25] Esta será a nossa justiça: buscaremos zelosamente colocar em prática todos estes mandamentos diante de Yahweh nosso Deus, tudo conforme Ele nos ordenou!'

Deuteronômio 7

Ordena-se a destruição dos cananeus e seus ídolos

[18]Kuphela ze nenze ezo zinto athi uNdikhoyo zintle zilungile, khon' ukuze nilungelwe. Xa nisenjenjalo ke noba nako ukulizuza elo lizwe lihle kunene lathenjiswa nguNdikhoyo kookhokho benu ngesifungo.

[19]Noba nako ukuzigxotha iintshaba zenu ngokwelizwi lakhe.

[20]"Kaloku kumaxesha ezayo unyana wakho uya kukubuza athi: 'Kwakutheni ukuze uNdikhoyo uThixo wethu akunike ezi zicwangciso nale mimiselo, nale migaqo nje?' Ke wena uze umxelele uthi:

[21]'Kaloku sasingamakhoboka ekumkani yaseJiputa, waza ke uNdikhoyo wasikhulula ngamandla akhe amakhulu.

[22]Ewe, sayibona ngamehlo imiqondiso nemimangaliso erhwaqelisayo awayenzayo uNdikhoyo kumaJiputa, ngokunjalo nakukumkani nendlu yakhe.

[23]Wasikhulula kwelaseJiputa, ukuze asibeke apha kweli lizwe awayebathembise ngalo oobawo-mkhulu ngesifungo.

[24]Ngokwenjenjalo ke uNdikhoyo uThixo wethu wasiyalela ukuba siyithobele le mimiselo simhlonele, size ke silungelwe bonke ubomi bethu, siphile njengokuba kunjalo namhlanje.

[25]Xa sithe sayithobela yonke imiyalelo, siya kumkholisa uNdikhoyo uThixo wethu.' "

Uhlaziyo-Mnqophiso 7

Imilowo yakwaThixo

(Mfud 34:11-16)

[1] Quando Yahweh teu Deus te houver feito entrar na terra prometida para possuí-la, Ele próprio expulsará de diante de ti nações muito mais numerosas do que tu: os hititas, os girgaseus, os amorreus, os cananeus, os ferezeus, os heveus e os jebuseus. São sete nações maiores e mais poderosas que tu;

[2] e quando o SENHOR teu Deus entregá-las a ti, tu as derrotarás e as sacrificarás como anátema. Não estabelecerás com elas qualquer tipo de aliança, nem as tratarás com piedade.

[3] Não celebrarás matrimônio com qualquer pessoa de lá. Não concederás tua filha a um de seus filhos, nem aceitarás uma de suas filhas como esposa para teu filho;

[4] pois desse modo o teu filho se afastaria da minha pessoa para servir a outros deuses, e a ira do SENHOR se inflamaria contra todos vós e rapidamente vos aniquilaria.

[5] Eis como deveis tratá-los: demolir seus altares, despedaçar suas estelas, colunas sagradas, cortar seus postes sagrados e queimar suas imagens de ídolos.

[6] Pois tu és um povo consagrado a Yahweh, teu Deus; foi a ti que o SENHOR, teu Deus, escolheu dentre todos os povos sobre a face da terra para seres seu povo querido, seu tesouro pessoal.

[7] Yahweh não se afeiçoou a vós nem vos escolheu por serdes mais numerosos que os outros povos; de fato, éreis o menor dentre os povos!

[1]“ UNdikhoyo uThixo wenu uza kuningenisa kwelo lizwe niya kuma kulo. Uza kugxotha izizwe ezininzi kulo; ewe, yoba sisixhenxe sonke sezizwe ezikhulu nezinamandla kunani. Nazi ke: amaHeti, amaGirgashi, ama-Amori, amaKanana, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

[2]Ke akuba uNdikhoyo uThixo wenu ezinikele kuni ezi zizwe nazoyisa, kufuneka nizitshabalalise ziphele nya. Ningaze nenze mvumelwano kunye nazo, futhi ze ningabi nanceba tu kuzo.

[3]Ningaze nendiselane nazo,

[4]kuba ningáthi niyenzile loo nto zibawexule bamlahle uNdikhoyo abantwana benu, banqule thixo bambi. Ingáthi ikhe yenzeka loo nto uNdikhoyo acaphuke anitshabalalise ngoko nangoko.

[5]Ngoko ke ze nenjenje kuzo: wadilizeni amaqonga azo, iintsika zazo zamatye niziqhekeze zibe ziingceba, ke yona imifanekiso yesithixokazi sazo uAshera ze niyinqunqe, ukanti imifanekiso yazo eqingqiweyo noyitshisa ngomlilo.

[6]Le nto ke noyenza kuba kaloku nina niyimilowo kaNdikhoyo uThixo wenu. Kaloku kuzo zonke izizwe zehlabathi uNdikhoyo uThixo wenu uninyulele ukuze nibe ngabantu abalibango lakhe elilodwa.

[7]“Ke kaloku uNdikhoyo akathanga nca nani waninyula kuba nibaninzi kunezinye izizwe; hayi, kaloku nanisesona sizwe sincinci ehlabathini liphela.

[8] Mas foi porque o SENHOR vos amou e por causa do juramento que fez a vossos antepassados. Por esse motivo Ele vos libertou com mão poderosa e vos tirou da terra da escravidão, das garras do Faraó, rei do Egito.

[9] Saberás, portanto, que Yahweh teu Deus é o único Deus fiel, que mantém a Aliança e o amor por mil gerações, em favor daqueles que o amam reverentemente e obedecem a seus mandamentos;

[10] porém, castiga de uma vez os que o rejeitam. Ele não demora em retribuir pessoalmente àqueles que o desprezam, aniquilando-os para sempre.

[11] Observa, pois, os mandamentos, os decretos e as doutrinas que eu hoje te ordeno cumprir!

[12] Se obedeceres a estas ordenanças e as puseres em prática, Yahweh, teu Deus, também te manterá a Aliança e a bondade misericordiosa que prometeu sob juramento a teus antepassados.

[13] Ele te amará, te abençoará e te multiplicará. Ele abençoará os teus filhos e os frutos da tua terra: os cereais, as uvas e os vinhos novos, as azeitonas e o azeite, as muitas crias de gado e ovelhas, na terra que prometeu aos teus pais que te daria em herança.

[8]UNdikhoyo uninyule kuba enithanda, efuna ukusigcina isifungo awasenzela ooyihlo-mkhulu. Kwakungenxa yeso sizathu ukuze anihlangule ngamandla akhe amakhulu, anikhulule ebukhobokeni phantsi kokumkani waseJiputa.

[9]Khumbulani kaloku ukuba uNdikhoyo uThixo wenu lo nguThixo ekukuphela kwakhe, kungekho wumbi ngaphaya; futhi ke uthembekile. Uyawugcina umnqophiso wakhe, futhi izibele zakhe ziphuphumela kwâbo bamthandayo beyigcina imiyalelo yakhe kuse kumawaka ezizukulwana.

[10]Kambe uya kuziphindezela ngqo kwabo bamthiyileyo, abatshabalalise; ewe, akayi kulibazisa ukuziphindezela.

[11]Ngoko ke wuthobeleni ngenyameko lo myalelo nale mimiselo ngokunjalo nale migaqo ndininike yona namhlanje ukuba niyenze.”

Uyolo lwentobeko

(Hlaz 28:1-14)

[12]“Ukuba nithe nayiphulaphula nayithobela le migaqo, uNdikhoyo uThixo wenu uya kuthi rhoqo ukuwugcina umnqophiso wakhe nani, zithi ke nezibele zakhe ziphuphumele kuni ngokwesifungo sakhe kooyihlo.

[13]Uthando lwakhe uya kulubonakalisa kuni, anithamsanqele kangangokuba niqhame nande. Intsikelelo yakhe yofikelela kuni, nizale abantwana, nasemasimini enu nivune ukudla okwaneleyo: okuziinkozo, iwayini, neoyile. Kanti ke neenkomo zenu uya kuzandisa, nditsho nempahla yenu emfutshane ngokunjalo. Yonke ke le nto uya

kunenzele kwelo lizwe wanithembisa ngalo kooyihlo-mkhulu ngesifungo.

14 Sendo assim, serás mais abençoado do que todos os povos! Ninguém do teu meio será estéril, seja o homem, a mulher, ou o teu gado.

14Ehlabathini liphela akuyi kubakho sizwe sithamsanqeleke njengani. Phakathi kwenu soze abekho umntu ngokunjalo nemfuyo engazaliyo.

15 Yahweh afastará de ti toda doença e todas as graves enfermidades do Egito que bem conheces. Ele não as infligirá a ti, mas sobre todos os que te odeiam.

15UNdikhoyo uya kunikhusela kuzo zonke izifo; soze aniyekele ngezifo ezifana nezo zoyikekayo zaseJiputa, kambe ke zona iintshaba zenu uya kuzibetha ngezi zifo.

16 Portanto, exterminarás todos os povos que o Eterno, teu Deus, te entregar. Que teus olhos não tenham piedade deles, tampouco sirvas a seus deuses: isso seria uma armadilha mortal para ti!

16Ze nizitshabalalise zonke izizwe azinikele kuni uNdikhoyo uThixo wenu, ningazenzeli nceba konke-konke. Ze ningazikhonzi izithixo zazo, kuba ngokwenjenjalo noba nizenzela umgibe.

17 É possível que venhas a ponderar em teu coração: ‘Estas nações são mais fortes e mais numerosas do que eu, como poderia conquistá-las?’

17“Nisenokuthi ekucingeni kwenu: ‘Ezi zizwe zikhulu kunathi; soze sizoyise.’

18 Não deves alimentar medo algum delas! Lembra-te bem do que Yahweh, teu Deus, fez ao Faraó e a todo o Egito:

18Kambe ze ningaxhalabi, koko khumbulani into awayenzayo uNdikhoyo uThixo wenu kukumkani waseJiputa nakwiJiputa iphela,

19 as grandes provas que teus olhos contemplaram, os sinais e prodígios, a boa mão e o braço forte com que o SENHOR, teu Deus, te fez sair livre! Yahweh, teu Deus, dispensará o mesmo tratamento a todos os povos de que tens receio!

19nditsho ezo zibetho zirhwaqelisayo nazibonayo ngawenu amehlo: loo miqondiso, naloo mimangaliso, ngokunjalo nobungangamsha namandla awanikhulula ngawo uNdikhoyo uThixo wenu. Uya kwenjenjalo ke nakwezi zizwe nizoyikayo.

20 Além disso, o SENHOR, teu Deus, enviará vespas contra eles, perecendo até os que tiverem restado e se tiverem escondido de ti.

20Ewe, abo baseleyo kuzo uNdikhoyo uThixo wenu uya kubathumela ngoonomeva, abagubhulule apho bazimeleyo khona, batshabalale.

21 Jamais fiques aterrorizado diante deles, pois Yahweh, teu Deus, que habita em teu meio, é Deus poderoso e temível.

21Ngoko ke sanukunkwantya ngenxa yaba bantu, kuba uNdikhoyo uThixo wenu unani, abe ke yena unguThixo omkhulu orhwaqelisayo.

[22] Yahweh, teu Deus, pouco a pouco irá expulsando essas nações da tua frente; entretanto, não poderás exterminá-las rapidamente; nesse caso as feras do campo se multiplicariam e te ameaçariam terrivelmente.

[23] É Yahweh, teu Deus, quem vai entregá-las a ti: elas ficarão grandemente apavoradas até que sejam absolutamente destruídas.

[24] Ele vai entregar seus reis em tuas mãos, ó Israel, e tu apagarás o nome deles de sob o céu: ninguém resistirá em tua presença, até que os tenhas exterminado!

[25] Queimareis as imagens e ídolos dos seus deuses. Não cobiçarás a prata e o ouro que os recobrem, tampouco os tomarás para ti, para que não caias numa mortal armadilha, porquanto para o SENHOR, o teu Deus, essa atitude é detestável.

[26] Sendo assim, não levarás coisa alguma que seja abominável ao SENHOR para dentro de tua casa: neste caso, tu te tornarias anátema, amaldiçoado com ela. Considera-as, pois, como coisas imundas e detestáveis, pois elas estão separadas para destruição, como anátemas.

Deuteronômio 8

Exortação a ter em memória os benefícios do Senhor

[1] Portanto, tende cuidado de obedecerdes a todos os mandamentos que hoje vos ordeno cumprir, a fim de que vivais bem e vos multipliqueis, entreis e possuais a terra que Yahweh, sob juramento, prometeu a vossos antepassados.

[22]Ekungeneni kwenu uNdikhoyo uThixo wenu uya kuzigxotha ngokuzigxotha ezi zizwe. Aniyi kusuka nizitshabalalise ngaxesha-nye, kuba ngaloo ndlela angasuka ande amarhamncwa, ke nina nibe semngciphekweni.

[23]UNdikhoyo uya kuzinikela ezandleni zenu iintshaba zenu, azenze zibe namanwele, zidideke, zitshabalale ziphele.

[24]Izikumkani zazo uya kuzinikela ezandleni zenu; ke nina niya kuzitshabalalisa zingabi sakhunjulwa. Akukho mntu uya kuba nako ukumelana nani, naye ke niya kutshabalalisa nivuthulule konke nje.

[25]Imifanekiso eqingqiweyo yezithixo zabo ze niyitshise. Igolide nesiliva eyenziwe ngayo loo mifanekiso ze ningayibaweli niyithathe, hleze nizenzele umgibe ngayo; kaloku yona ilisikizi kuNdikhoyo uThixo wenu.

[26]Le mifanekiso ze ningayingenisi emizini yenu, hleze nithi ngokwenjenjalo nizithathele ishwangusha kwanjengokuba nayo iqalekisiwe. Kufuneka niyithiye niyenyanye imifanekiso, kuba kaloku imelwe kukutshatyalaliswa.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 8

Ilizwe elihle

[1]“Niyabona ke, le miyalelo ndininike yona namhlanje ze niyithobele kangangoko, khon' ukuze niphile nande, ningene kwelo lizwe wabathembisa ngalo ngesifungo uNdikhoyo ooyihlo.

[2] Traze sempre viva em tua memória a maneira como Yahweh, o teu Deus, te conduziu por todo o caminho no deserto, durante esses quarenta anos, para te tornar humilde e provar-te, a fim de que exteriorizasses todas as intenções do teu coração: se estavas decidido a obedecer a seus mandamentos ou não.

[2]Ngamana aningeyilibali indlela anikhokele ngayo uNdikhoyo uThixo wenu kolu hambo lude kangaka ukucanda intlango, kula mashumi mane eminyaka, enifundisa intobeko, enilinga khon' ukuze aqonde ukuba niza kuyithobela kusini na imiyalelo yakhe!

[3] Ele te humilhou, fez que sentisses fome e te alimentou com o maná que nem tu nem teus pais conhecíeis, para te mostrar que o ser humano não vive apenas de pão, mas de toda a Palavra que procede da boca do SENHOR!

[3]Wanithoba eniyekela ngendlela, waza kananjalo wanipha imana, kutya oko naningakwazi, nina ngokunjalo nooyihlo-mkhulu. Le nto ke wayenza kuba efuna niqonde nazi ukuba ubomi bomntu abuxhomekanga kutyeni kuphela, koko buxhomekeke kuwo onke amazwi kaNdikhoyo.

[4] As vestes que usavas não se envelheceram, tampouco teus pés incharam durante esses quarenta anos de caminhada.

[4]Kula mashumi mane eminyaka impahla yakho yokunxiba zange iguge, kananjalo neenyawo zakho zange zidumbe.

[5] Sendo assim, reconhece no teu mais íntimo que Yahweh, teu Deus, te educava, como um pai instrui e disciplina seu filho amado.

[5]“Qondani kaloku nizikise ukuba uNdikhoyo uThixo wenu uyaniqeqesha njengomzali eqeqesha abantwana bakhe.

[6] Obedece, pois, aos mandamentos de Yahweh, teu Deus, para que andes nos seus caminhos e aprendas a amá-lo reverentemente.

[6]Ngoko ke yithobeleni imiyalelo kaNdikhoyo uThixo wenu, nihambe ngeendlela zakhe, nimhlonele.

[7] Eis que Yahweh, teu Deus, vai fazer-te herdar uma terra boa, repleta de riachos e tanques de água, de fontes que jorram nos vales e colinas;

[7]Kaloku ngoku uNdikhoyo uThixo wenu uningenisa kwilizwe elihle kunene, ilizwe lemifula ebaleka amanzi, ilizwe elinemithombo, ilizwe eligqabhuka imisinga yamanzi ezintlanjeni nasezindulini.

[8] terra que produz muito trigo e cevada, videiras e figueiras, romãzeiras, azeite de oliva e mel;

[8]Lilizwe lengqolowa, irhasi, iidiliya, amakhiwane, iirharnati, amafutha omnquma, nobusi.

[9] terra onde não faltará pão e onde não sentireis falta de nada; terra onde as rochas têm ferro e onde podereis extrair cobre das colinas.

[9]Elo ke lilizwe lentlutha; soze niswele nto khona. Ilitye lakhona liyintsimbi, ukanti kwiinduli zalo ningavula imigodi yekopolo.

[10] Comerás e ficarás satisfeito, e bendirás a Yahweh, teu Deus, na terra que Ele te dará!

[10]Kwelo lizwe niya kutya nihluthe, nibulele nidomboze kuNdikhoyo uThixo wenu ngenxa yelo lizwe lihle kunene aniphe lona.”

Isilumkiso

[11] Contudo, tem cuidado em relação a ti mesmo, a fim de que não esqueças do SENHOR, teu Deus, e não deixes de cumprir seus mandamentos, doutrinas e decretos que hoje te ordeno!

[11]“Niyabona ke ze ningamlibali uNdikhoyo uThixo wenu ngokuthi ningayithobeli le miyalelo, nale migaqo, ngokunjalo nale mimiselo ndininika yona namhlanje.

[12] Não aconteça que, havendo comido e estando plenamente saciado, havendo construído casas confortáveis e habitando nelas,

[12]Xa senixhamla intlala-kahle, ninayo yonke into eniyifunayo, senizakhele izindlu ezintle,

[13] havendo-se multiplicado teu gado e o número de tuas ovelhas tendo aumentado, e também se multiplicado tua prata e teu ouro, e tudo o que tiveres,

[13]nemfuyo yenu isanda ngokunjalo nesiliva negolide nako konke eninako kuvumile,

[14] que teu coração se ensoberbeça e venhas a te esquecer do Eterno, o teu Deus, que te fez sair livre da terra do Egito, da casa da escravidão;

[14]ze ningakhukhumali, nimlibale uNdikhoyo uThixo wenu owanihlangula ebukhobokeni kwelaseJiputa.

[15] que te conduziu através daquele imenso e perigoso deserto, cheio de serpentes e escorpiões mortais; e que numa terra seca e hostil, tirou água da rocha para te saciar a sede;

[15]Kaloku yena wanikhokela kweso sithabazi sentlango eyoyikekayo, apho kwakukho iinyoka ezinobuhlungu ndawonye noonomadudwane. Apho kanye kuloo nkangala ingenamanzi wanivelisela amanzi eliweni lenyengane.

[16] que no deserto te sustentou com maná que teus antepassados não conheciam; para te humilhar, e para te provar, com o objetivo de proporcionar o melhor para ti no futuro.

[16]Kaloku apho entlango wanondla ngemana, ukutya okwakungaziwa, kungazange kutyiwe nangooyihlo-mkhulu. Wanithoba ngokunilinga ngezo meko

zinjalo, khon' ukuze ekugqibeleni anithamsanqele ngezinto ezintle!

[17] Portanto, não digas no teu íntimo: 'A minha força e o poder do meu braço me conquistaram estes bens e riquezas'.

[17]Nisenokuthetha nithi: 'Obu butyebi sibufumene ngamandla nangobuchule bethu.'

[18] Antes, te recordarás de Yahweh teu Deus, porque é Ele o que te dá força e capacidade para gerar riqueza, confirmando a Aliança que jurou a teus pais, conforme hoje se constata claramente.

[18]Ngokutsho noba nilibele ukuba nguNdikhoyo uThixo wenu onithe jize ngobutyebi. Le nto ke uyenza kuba ezinzisa umnqophiso awawenzayo nooyihlo-mkhulu ngesifungo.

[19] Se te esqueceres do SENHOR, teu Deus, e seguires outros deuses, e os servires, e prestares culto a eles, asseguro-te hoje que sereis exterminados.

[19]"Mhlenikwezeni namlibala uNdikhoyo uThixo wenu, nalandela thixo bambi, nabahlonela nabakhonza, inene namhlanje mna ndiyalingqinela elithi niya kutshabalala niphele tu!

[20] Perecereis do mesmo modo que as nações que Yahweh vai destruir à vossa frente, por não terdes obedecido à voz do Eterno vosso Deus!

[20]Ke kaloku, ukuba animthobelanga uNdikhoyo, uya kunitshabalalisa, kwanjengokuba eza kuzitshabalalisa ezo zizwe ukungena kwenu kwelo lizwe."

Deuteronômio 9

Moisés lembra aos israelitas as suas murmurações e suas infidelidades

[1] Então Moisés comunicou ao povo: 'Ouve, ó Israel: Hoje estás atravessando o Jordão para ires conquistar nações mais numerosas e poderosas do que tu, cidades grandes, cercadas com muros que vão até o céu.

[2] Tu conheces e tens ouvido a fama dos enaquins, um povo muito alto e forte, filhos dos gigantes, sobre os quais se diz: 'Quem poderá resistir diante dos filhos dos gigantes?'

[3] Contudo, comprovarás no dia de hoje, que Yahweh teu Deus vai atravessar à sua frente, como um fogo devorador; é precisamente Ele quem os aniquilará e é Ele quem os submeterá a ti, ó Israel! Portanto, tu os

Uhlaziyo-Mnqophiso 9

Iinkani zamaSirayeli

[1]"Niyabona ke, maSirayeli, seniza kuwela iJordan, ningene kwilizwe elimiwe zezinye izizwe ezikhulu nezomeleleyo kunani. Izixeko zazo zikhulu, futhi zibiyelwe ngeendonga ezirhec' izulu.

[2]Nabantu bakhona bade, bomelele, bayinzala ka-Anaki, ibe ke niyazi ukuba kuthiwa akukho mntu unokumelana nama-Anaki.

[3]Kambe ke nina niza kuzibonela ngokwenu, kuba uNdikhoyo uThixo wenu uza kunandulela engumlilo odangazelayo. Ezo zizwe úya kuzoyisa azithobe, nize nina

expulsarás e, rapidamente, os farás perecer, de acordo com as instruções do SENHOR.

nizigxothe nizitshabalalise ngokukhawuleza ngokwesithembiso sakhe.

4 Quando o Eterno, o teu Deus, os tiver removido da tua presença, não permitas que teu coração te diga: 'Ora, o SENHOR me conduziu até esta terra para herdá-la e dela tomar posse por causa da minha justiça!' Não! Ao contrário, é por causa da própria malignidade dessas nações que Yahweh vai expulsá-las da tua presença.

4"Xa uNdikhoyo uThixo wenu selenigxothele ezi zizwe, ze ningacingi ukuba nifanelekile. Hayi, akunjalo, nto nje uNdikhoyo ezigxotha nje ezi zizwe kungenxa yenkohlakalo yazo.

5 De fato não é por causa de algum ato de justiça da tua parte, tampouco pela retidão do teu coração que estás entrando à terra prometida para dela tomar posse. É por causa da impiedade dessas nações que Yahweh vai expulsá-las da tua frente, e também para cumprir a Palavra que jurou a teus pais: Abraão, Isaque e Jacó.

5Isizathu asikuba nina nilungile, nigqibelele, le nto uNdikhoyo anivumeleyo nawuthatha umhlaba yazo, nangenxa yokuba ezimisele ukusigcina isithembiso awayesenze nooyihlo-mkhulu ooAbraham, uIsake, noYakobi, ngokufunga.

6 Sabe, portanto: não é, de forma alguma, por qualquer mérito de justiça ou porque sejas bom, que o SENHOR teu Deus te concede possuir esta boa terra, porquanto tu és um povo teimoso e desobediente!

6Ngenene mayicace mhlophe into yokuba uNdikhoyo uThixo wenu eninika eli lizwe lihle kangaka nje akukho ngenxa yobulungisa benu, kuba kambe nina nisisizwe esineenkani.

7 Lembra-te e jamais te esqueças de que muito provocaste a ira de Yahweh, teu Deus, no deserto. Desde o dia em que fosses liberto e saístes da terra do Egito, até a vossa chegada a este lugar estais sendo rebeldes contra o SENHOR.

7"Nokhumbula kaloku ukuba nina namcaphukisa uNdikhoyo uThixo wenu entlango. Ukusukela kwimini enemka ngayo eJiputa nada naza kufika apha, namvukela okokoko.

8 Até mesmo enquanto subi o monte Horebe irritastes a Yahweh! E o Eterno se enfureceu contra vós a ponto de pensar em exterminar-vos da face da terra.

8Nakwintaba iHorebhe namcaphukisa, wada waphantse wanitshabalalisa uNdikhoyo.

9 Subindo eu ao monte para receber as sagradas placas de pedra, as tábuas da Aliança que o SENHOR estabelecera convosco, permaneci na montanha quarenta

9Ndenyuka entabeni, ndisiya kuphuthuma amacwecwe amatye apho wawubhalwe khona umnqophiso awenze nani uNdikhoyo. Ndahlala apho ke amashumi

dias e quarenta noites; não comi pão, nem bebi água.

10 Yahweh deu-me então as duas placas de pedra, escritas pelo dedo de Deus. Sobre elas estavam escritas todas as palavras que Yahweh vos proclamara do meio do fogo, quando estavas em assembleia ao pé da montanha.

11 Após quarenta dias e quarenta noites em sua presença, Yahweh entregou-me as duas placas de pedra, as tábuas da Aliança.

12 Yahweh ordenou-me então: 'Levanta-te! Desce sem demora, pois teu povo, o que dirigiste em liberdade para fora do Egito, já se corrompeu! Já se desviaram do Caminho em que Eu os orientara: fizeram para si um ídolo de metal fundido!'

13 E o SENHOR complementou: 'Vejo claramente o quanto este povo é, de fato, um povo insubordinável, de dura cerviz!

14 Portanto, não me supliques por eles! Vou exterminá-los e apagar o seu nome de debaixo do céu! Entretanto, vou fazer de ti uma nação mais numerosa e poderosa do que esta!'

15 Assim, voltei-me e desci depressa a montanha. Todo o monte ardia em fogo. As duas tábuas de pedra da Aliança estavam comigo, e eu as segurava firme, uma em cada mão.

16 Então ergui os olhos e observei. Sim! Eis que tínheis pecado contra Yahweh, vosso Deus. Havíeis moldado um bezerro de metal fundido, desviando-vos rapidamente do Caminho que Yahweh vos instruiu.

amane eentsuku nobusuku bazo, ndingatyi ndingaseli.

10UNdikhoyo ke wandinika amacwecwe amabini amatye apho wayeyibhale khona ngesakhe isandla yonke into awayithethayo apho entabeni ngokuya wayeselangatyeni lomlilo, mhla ngembizo.

11Ewe, emveni kwezo ntsuku zimashumi mane nobusuku bazo, uNdikhoyo wandinika amacwecwe amabini amatye apho wayewubhale khona umnqophiso.

12"Ke kaloku uNdikhoyo wathi: 'Khawuleza uhle, kuba abantu bakho owabakhokela uphuma nabo eJiputa bonile. Ngokukhawuleza nje sebephumile endleleni endabayalela yona; ngoku bazenzele umfanekiso otyhidiweyo.'

13"UNdikhoyo wathi: 'Ndiyabazi aba bantu ukuba neenkani kwabo.

14Ngoko ke ndiyeke ndibatshabalalise nya, ndilicime igama labo ehlabathini. Ke wena ndiya kukwenza ube sisizwe esikhulu nesomeleleyo kunabo.'

15"Ngoko ke ndehla apho entabeni, ndiphethe loo macwecwe mabini amatye apho wawubhalwe khona umnqophiso. Ke kaloku intaba leyo yayidangazela umlilo.

16Ndathi ndakukhangela ndabona ukuba nimvukele uNdikhoyo uThixo wenu; nonile nazityhidela umfanekiso wenkunzi yenkomo; ewe, ngokukhawuleza nje seniphumile endleleni enaniyalelwe yona nguNdikhoyo.

[17] Peguei então as duas placas de pedra e atirei-as com minhas duas mãos contra o chão, quebrando-as diante dos vossos olhos.
[18] Prostrei-me, depois, na presença do SENHOR como na primeira vez, durante quarenta dias e quarenta noites. Não comi pão nem bebi água, por causa do pecado que tínheis cometido, fazendo o que era mau aos olhos de Yahweh ao ponto de inflamardes a sua cólera.
[19] Pois Eu tinha medo da ira e do furor que o SENHOR poderia dirigir contra vós, pensando em condenar-vos ao extermínio. Yahweh, contudo, ouviu a minha oração ainda mais uma vez!
[20] Yahweh também ficou muito irado contra Arão a ponto de querer igualmente destruí-lo, mas naquela ocasião também supliquei por Arão.
[21] Em seguida, tomei aquela imagem de bezerro, o ídolo em forma de bezerro com o qual pecastes, e o queimei em grande fogo; depois o esmaguei e o triturei até que virasse pó, e o joguei no riacho que desce do monte.

[22] Também irritastes continuamente ao SENHOR em Taberá, em Massá e em Quibrote-Hataavá.

[23] E quando Yahweh vos enviou de Cades-Barneia, ordenou: 'Subi e tomai posse da terra que Eu vos dei!', entretanto vós vos revoltastes contra a ordem de Yahweh, vosso Deus, não lhe destes crédito e não obedecestes à sua voz.
[24] Portanto, tendes sido rebeldes contra o SENHOR desde que vos conheço!

[17]Ngoko ke ndawathatha loo macwecwe, ndawaphosa phantsi apho phambi kwenu, ophuka aba ziingceba.

[18]"Kwakhona ke ndazikhahlela phantsi phambi koNdikhoyo amashumi amane eentsuku nobusuku bazo, ndingatyi ndingaseli. Le nto ke ndayenza kuba nina nanimonile kakhulu namcaphukisa ngobubi enabenzayo uNdikhoyo.

[19]Ndandisoyika gqitha, kuba uNdikhoyo wayekhathazekile, ecaphuka kangangokuba waphantse wanitshabalalisa. Kambe ke nangeso isihlandlo uNdikhoyo wandiphulaphula.

[20]UNdikhoyo wayecatshukiswe kakhulu nanguAron, yaye ke naye wayeseza kumtshabalalisa, koko ke naye ndamthandazela kwangelo thuba.

[21]Lona ke elo sikizi nanizenzele lona – nditsho loo nkunzi yenkomo nanizityhidele yona – ndayithatha ndayiphosa emlilweni. Ndaza ke kamva ndayikroboza ndayicola yangumgubo, ndaza ndawugalela kumlanjana owawuphuma apho entabeni.

[22]"Kaloku naseTabhera, eMasa, naseKibroti-hatavanamcaphukisa uNdikhoyo uThixo wenu.

[23]NaseKadeshe-bhaneya wathi akuniyalela ukuba ningene niwuthathe loo mhlaba wayenipha wona namvukela, anakholosa ngaye nimthobele.

[24]Okoko ndanaziyo mna nasoloko nivukelana naye uNdikhoyo.

[25] Prostrei-me, pois, na presença de Yahweh. E fiquei prostrado durante quarenta dias e quarenta noites, porque Yahweh falara em vos destruir.
[26] Roguei então ao SENHOR: 'Yahweh, ó Eterno, meu SENHOR! Não destruas o teu povo, a tua herança! Tu o resgataste com a tua grandeza; tu o libertaste e o fizeste sair do Egito com braço forte!
[27] Recorda-te dos teus servos: Abraão, Isaque e Jacó! Não atentes para a obstinação deste povo, para sua perversidade e seu pecado,
[28] caso contrário os habitantes da terra de onde nos tiraste debocharão afirmando: 'Como o Eterno não teve poder para conduzi-los à terra que lhes havia prometido, e como, na verdade, sempre os odiou, os fez sair para matá-los a todos no deserto!'
[29] Apesar de todos os erros e maldades, estas pessoas são o teu povo e a tua herança, ó SENHOR! Tu os libertaste e fizeste sair por meio do teu magnífico poder e a força do teu braço forte!'

Deuteronômio 10

Moisés fala das segundas tábuas da lei

[1] Depois desses eventos o SENHOR me ordenou: 'Corta duas placas de pedra, como as primeiras, e sobe para te encontrares comigo no alto do monte. Faze também uma arca de madeira.
[2] Escreverei sobre as placas as palavras que foram gravadas nas primeiras tábuas que quebraste, e tu as colocarás na arca!'

[25]Ewe, kuloo mashumi mane eentsuku ndahlala ndizikhahlele phantsi phambi koNdikhoyo, kuba ndandisazi ukuba seletshilo ukuthi uza kunitshabalalisa.
[26]Ndadanduluka ndathi: 'Awu, Ndikhoyo, Nkosi yam! Ndiyakubongoza, musa ukubatshabalalisa abantu abalibango lakho, owabahlangula wabakhulula ngamandla obungangamsha bakho kwelaseJiputa.
[27]Khawukhumbule izicaka zakho, ooAbraham, uIsake, noYakobi, ungabasi so aba bantu baneenkani, bazizikhohlakali ezigwenxa,

[28]okanye amaJiputa osuka athi: "UNdikhoyo wayengenako ukubathatha abantu bakhe abase kwelo lizwe wayebathembise ngalo. Kungenxa yokuba ebathiyile ukuze emke nabo aye kubaphosa entlango, khon' ukuze ababulale khona."

[29]Andithi na kaloku, Nikhoyo, aba ngabantu abalibango lakho, abantu bakho ncakasana, owabakhulula ngamandla obungangamsha bakho kwelaseJiputa?' "

Uhlaziyo-Mnqophiso 10

Umnqophiso uyahlaziywa
(Mfud 34:1-10)

[1]"Ngelo thuba ke uNdikhoyo wandiyalela wathi: 'Qingqa amanye amacwecwe amabini amatye, afane nalawa okuqala, uwenzele ityesi ngomthi. Nyuka intaba, uze kum,
[2]ukuze apho kuloo macwecwe ndibhale laa nto ndandiyibhale kulawa wawaphulayo, uze ke uwafake apho etyesini.'

[3] Assim, fiz uma arca de madeira de acácia, cortei duas placas de pedra como as primeiras e subi à montanha, com as duas tábuas nas mãos.

[4] Ele, então, escreveu sobre as novas tábuas o mesmo texto que havia escrito antes: os Dez Mandamentos que Yahweh vos havia proclamado no monte, do meio do fogo, no dia em que estáveis todos unidos em assembleia. Em seguida o próprio Yahweh entregou-as a mim.

[5] Depois dei meia-volta, desci da montanha e coloquei as duas tábuas na arca que eu havia feito. E elas permaneceram lá, conforme o SENHOR me instruíra.

[6] (Os filhos de Israel partiram de Beerot Benê-Iaacan, dos poços dos jaacanitas, e dirigiram-se para Mosserá. Ali Arão morreu e foi sepultado, e seu filho Eleazar foi seu sucessor como sacerdote.

[7] Dali partiram para Gudgodá e de lá para Jotbatá, terra de muitos ribeiros.

Da vocação da tribo de Levi

[8] Naquela época Yahweh separou a tribo de Levi para carregar a arca da Aliança do SENHOR, para estar diante do Eterno a fim de ministrar e pronunciar bênção em seu Nome, como se faz ainda hoje.

[9] É por esse motivo que os levitas não têm nenhuma porção de terra ou herança entre seus irmãos; o SENHOR é toda a sua herança, conforme Yahweh, o seu Deus, lhes prometeu!)”

[3]“Ke kaloku ndayenza ityesi leyo ngomngampunzi, ndaza ndaqingqa namanye amacwecwe amabini amatye afana nalawa okuqala, ndenyuka nawo apho entabeni.

[4]UNdikhoyo wabhala ke apho kuloo macwecwe kwalaa mazwi wayewabhale kulawa okuqala, imithetho elishumi leya wayenixelele yona ngokuya wayeselangatyeni lomlilo, mhla ngembizo entabeni. UNdikhoyo ke wawabuyisela kum amacwecwe lawo,

[5]ndaza ke ndehla nawo apho entabeni. Ngokomlomo kaNdikhoyo ke ndawafaka kulaa tyesi ndandiyenzile. Aselapho ke unanamhla.

[20]Ungayibiza inzala ngento oyiboleke intlanga, ungayibizi kumwenu. Xa

mas não do teu irmão israelita, para que o SENHOR, teu Deus, abençoe todo empreendimento da tua boa mão na terra que estás herdando para dela tomares posse.

uwuthobele lo myalelo uNdikhoyo uThixo wakho uya kuyithamsanqelisa yonke into oyenzayo kwelo lizwe uya kuma kulo.

21 Quando fizeres uma promessa ao SENHOR, teu Deus, não tardes em cumpri-la, pois Yahweh, teu Deus, exige que um voto feito seja cumprido; e é pecado deixar de realizar aquilo que se prometeu a Ele!

21“Xa wenze isibhambathiso kuNdikhoyo uThixo wakho uzungalibazisi ukusifezekisa. Kaloku uNdikhoyo uyasibanga, ibe ke sisono ukungasiphumezi.

22 Sendo assim, se te absténs de promessas e votos, não haverá como seres culpado desse pecado!

22Akulotyala ukungenzi sibhambathiso;

23 Contudo, faze todo o empenho para cumprires tudo o que teus lábios prometerem, considerando que com tua própria boca ofereceste voluntariamente tua palavra e teu voto a Yahweh, teu Deus.

23kambe ke, xa usenzile, qiniseka ngokusifezekisa. Kaloku usenze ungàqhutywa mntu.

24 Quando entrares na vinha do teu próximo poderás comer à vontade, até ficares saciado, todavia nada acumules ou transportes em teu cesto.

24“Xa uhamba ngomlimandlela wesidiliya somntu, ungáyikha idiliya, uyitye kangangoko ufuna; kodwa uze ungayigaleli ntweni, uhambe nayo.

25 Quando entrares na plantação de trigo do teu próximo poderás colher as espigas com a mão, mas não uses a foice para ceifar o trigo do teu próximo!

25Ukuba uhamba ngomlimandlela wentsimi yomntu enengqolowa, ungáyikha utye kangangoko ufuna, kodwa ungayisiki ngerhengqe.”

Deuteronômio 24

Acerca do divórcio, dos penhores, dos roubadores e da lepra

Uhlaziyo-Mnqophiso 24

Ukuqhawulwa komtshato

1 Quando um homem tiver esposado uma mulher e formalizado o matrimônio, mas pouco tempo depois descobrir nela algo que ele reprove e por isso deixar de querê-la como esposa, ele poderá dar à sua mulher uma certidão de divórcio e mandá-la embora.

1“Ukuba indoda ithathe umfazi, yaza kamva yakruquka nguye ngenxa yesizathu esithile, kufuneka imbhalele incwadi yokwahlukana, ize imnike, ibe ke iyamgxotha ngolo hlobo.

2 Entretanto, se depois de partir de casa, ela se tornar esposa de outro homem,

2Xa athe kamva waphinda wathathwa yenye indoda,

[3] e este vier a não gostar mais dela também, igualmente lhe dará certidão de divórcio, e a mandará embora. Ou se o segundo marido morrer,
[4] o primeiro, que se divorciou dela, não poderá casar-se com ela novamente, visto que é considerada cerimonialmente impura para ele. Casar de novo com ela seria uma ofensa abominável contra Deus, o SENHOR. Portanto, não permitas que se cometa um pecado tão grave assim na terra que Yahweh, teu Deus, te está entregando como herança!

[5] Quando um homem for recém-casado, não deverá ir para a guerra, nem será requisitado para qualquer compromisso público. Ele poderá ficar em casa, de licença por um ano, livre para fazer feliz a mulher com quem se casou.
[6] Não tomarás como penhor as duas pedras de moinho, nem mesmo apenas a pedra de cima, como garantia de uma dívida, pois isso seria tomar como garantia o meio de vida do devedor.
[7] Se alguém for detido em flagrante sequestrando um dos seus irmãos, dentre os filhos de Israel, a fim de explorá-lo ou vendê-lo, tal sequestrador deverá ser condenado sumariamente à pena de morte. É desse modo que extirparás o mal do meio do povo de Israel.
[8] Nos casos de lepra e doenças contagiosas da pele, cuida de pôr diligentemente em prática tudo o que os sacerdotes levitas vos ensinarem; cuidareis de seguir

[3]yaza nayo yamala yambhalela incwadi yokwahlukana yamgxotha, okanye ke mhlawumbi le ndoda yakhe yesibini isuke yatshaba,

[4]laa ndoda yakhe yokuqala ayinalungelo lokuphinda imthathe. Kaloku ngoku unomlaza. Xa ingasuka imthathe kwakhona yoba lisikizi elo kuNdikhoyo. Ngoko ke elo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho ungaze uligqwalise ngamasikizi anjalo."

Ukubabonela abanye

[5]"Indoda esandula ukuthath' umfazi mayingaphumi nomkhosi. Nakuwo nawuphi na umsebenzi onjalo mayikhululeke ixesha elingangonyaka, khon' ukuze ihlale ekhaya yonwabe nomkayo.
[6]"Xa kukho into oyiboleke omnye umntu, sukumenza abambise ngelitye lakhe lokusila, nditsho nkqu imbokotho; kaloku ngolo hlobo loo mzi ungaba wohluthwe indlela yawo yokwenza ukutya.

[7]"Nawuphi na umntu oqweqwedise umSirayeli, waza wamenza ikhoboka lakhe, okanye wamthengisa ukuze abe likhoboka, makabulawe. Ngaloo ndlela ke noba nibuncothule ububi phakathi kwenu.

[8]"Xa kukho umntu ogula sisifo solúsu, yenza ngenyameko kanye ngokwemigqaliselo oyinikwa ngababingeleli; yenza ngokwemiyalelo endabanika yona.

cuidadosamente as orientações que transmiti a eles.

[9] Lembra-te do que Yahweh, teu Deus, fez a Miriã no caminho, logo depois que saíste do Egito.

[9]Yikhumbule into awayenzayo uNdikhoyo uThixo wakho kuMiriyam ngokuya naniphuma kwelaseJiputa.

Acerca de empréstimos

[10] Quando fizeres qualquer espécie de empréstimo ao teu próximo, não entrarás em sua casa para tirar o que ele lhe oferecer como penhor.

[10]“Xa kukho into oyiboleke umntu othile, sukungena endlwini yakhe xa uye kulanda impahla abambisa ngayo;

[11] Ficarás do lado de fora, e a pessoa a quem fizeste o empréstimo virá para fora trazer-te o penhor.

[11]linda phandle, ibe nguye oyizisayo.

[12] Se for uma pessoa pobre, porém, não irás dormir conservando seu penhor;

[12]Ukuba lo mntu lihlwempu, le mpahla yakhe ke mayingalali kuwe,

[13] ao pôr do sol deverás devolver sem falta o penhor, para que ele possa conciliar seu sono sob suas cobertas e com gratidão te abençoe. E, quanto a ti, isso será considerado um ato de justiça por parte do SENHOR, o teu Deus.

[13]koko yibuyisele kuye ukutshona kwelanga, kuba uyayifuna ngexesha lokulala. Úya kuthamsanqeliswa ke nguloo mntu, nesenzo sakho sibe sesobulungisa emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakho.

Caridade para com os pobres, os estrangeiros e os órfãos

[14] Não oprimas um assalariado pobre, necessitado, seja ele um dos teus irmãos ou um estrangeiro que mora em tua terra, em tua cidade.

[14]“Isicaka osiqeshileyo esisweleyo sukusiqhatha noba singumSirayeli okanye siyintlanga ehlala kwakwezo dolophu zenu.

[15] Tu lhe pagarás o salário a cada dia, antes que o sol se ponha, porque ele é pobre e disso depende sua vida. Desse modo, ele não clamará a Yahweh contra ti, e em ti não haverá pecado.

[15]Yonke imihla ukutshona kwelanga mhlawule ngomsebenzi wakhe; kaloku loo mali uyayifuna, uqamele ngayo. Xa ungamhlawuli uya kukuxela kuNdikhoyo, uze ke wena ube netyala.

[16] Os pais jamais deverão ser mortos em lugar dos filhos, nem os filhos em lugar dos pais; cada um cumprirá sua pena e morrerá, se for necessário, por seu próprio pecado!

[16]“Abazali mabangabulawa ngenxa yamatyala enziwe ngabantwana babo, nabantwana mabangabulawa ngenxa yamatyala enziwe ngabazali babo; umntu makabulawe ngenxa yesono asenze ngokwakhe.

[17] Não perverterás o direito do estrangeiro e do órfão, nem tomarás como penhor a roupa da viúva.

[18] Recorda que foste escravo na terra do Egito, e que Yahweh, teu Deus, daquele povo te resgatou. É por esse motivo que eu te ordeno agir desse modo.

[19] Quando estiveres ceifando a colheita em teu campo e esqueceres um feixe, não retornes para pegá-lo: permite que ele seja encontrado pelo estrangeiro, pelo órfão e pela viúva, a fim de que dessa maneira o SENHOR teu Deus os abençoe, bem como a ti em todo o trabalho das tuas mãos.

[20] Durante a colheita das azeitonas, depois que sacudires as oliveiras, não voltes a pegar as azeitonas que ficaram nas árvores; deixa-as para os estrangeiros, para os órfãos e para as viúvas.

[21] E faze somente uma colheita de uvas nas tuas plantações; as uvas que ficarem nos ramos das videiras devem ser deixadas para os estrangeiros, para os órfãos e para as viúvas.

[22] Recorda que foste escravo na terra do Egito. É por esse motivo que eu te ordeno agir desse modo.

Deuteronômio 25

A pena de açoites

[1] Quando dois homens se envolverem numa briga, terão de levar a causa ao tribunal e os juízes decidirão a questão, absolvendo o inocente e condenando o culpado.

[17]“Uzungayigqwethi inyaniso xa kuthethwa ityala labangeneleli neenkedama. Xa umhlolokazi eboleke ulutho, sukuyithatha ingubo yakhe abambisa ngayo.

[18]Kaloku khumbula ukuba nawe wawukhe walikhoboka eJiputa, waza ke uNdikhoyo uThixo wakho wakukhulula; yiloo nto ke ndikunika lo myalelo nje.

[19]“Ukuba ushiye isithungu sengqolowa entsimini xa uvunayo, sukuphinda usiphuthume; sesoba sesabangeneleli abahlala phakathi kwenu, neenkedama, nabahlololokazi, khon' ukuze uNdikhoyo uThixo wakho akuthamsanqele kuyo yonke into oyenzayo.

[20]Xa uvuna umnquma, sukubuya ukhwahlaze; lo useleyo woba ngowabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi.

[21]Ngokunjalo naxa uvuna idiliya sukukhwahlaza; leyo iseleyo yeyabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi.

[22]Mayingaze iphume engqondweni yakho into yokuba nawe wawukhe walikhoboka eJiputa; yiyo loo nto ke mna ndikuyala ngolu hlobo nje.

Uhlaziyo-Mnqophiso 25

[1]“Xa amaSirayeli amabini exabene, aza asana enkundleni, omnye wawo ke wafunyaniswa engenatyala, waza ke wagwetywa omnye lo;

[2] Se o culpado merecer açoitamento, o juiz ordenará que ele se deite e seja açoitado em sua presença, com o número de açoites que seu crime merecer,

[3] desde que nunca ultrapasse quarenta açoites. Açoitá-lo além disso seria humilhar publicamente um filho de Israel.

[4] Não amordaçarás o boi enquanto está debulhando o cereal!

A obrigação de um homem casar com a viúva do seu irmão

[5] Quando dois irmãos moram juntos e um deles morre sem deixar filhos, a mulher do morto não sairá para casar-se com um estranho à família. O irmão do marido se casará com ela e cumprirá com ela o dever de cunhado.

[6] O primeiro filho que ela der à luz tomará o nome do irmão falecido, para que o nome deste não se apague em Israel.

[7] Contudo, se o cunhado se recusa a desposar a cunhada, esta irá aos anciãos e líderes do lugar, que ficam à porta da cidade, e declarará: ‘Meu cunhado está se recusando a suscitar um nome para seu irmão em Israel! Não quer cumprir seu dever de cunhado para comigo!’

[8] As autoridades da cidade o convocarão e conversarão com ele. Se ele persistir, alegando: ‘Não desejo desposá-la!’,

[9] então a cunhada se aproximará dele na presença dos anciãos, tirar-lhe-á uma das sandálias, cuspirá em seu rosto e fará esta declaração: ‘É precisamente isto que se faz

[2]ukuba ugwetywe ikatsi, umgwebi makatsho acanjalaliswe. Inani lemivumbo yakhe loxhomekeka kwelo tyala alenzileyo.

[3]Angákatswa ukuya kwimivumbo emashumi mane, kodwa ke ingadluli apho. Kaloku xa inokuba ngaphezu kwaleyo wòba umthobile umwenu.

[4]“Xa usebenzisa inkabi yenkomo ekubhuleni ingqolowa, musa ukuyifaka isicheme.”

Uxanduva kwabazalanayo

[5]“Ukuba oonyana bomntu omnye bahlala mzini-mnye, aze omnye lo asweleke engenanyana, umhlolokazi lowo kamfi akufuneki athathwe ndoda yamzi wumbi; kaloku luxanduva lomntakwabo-mfi ukumthatha amenze umfazi.

[6]Ke unyana wokuqala abaya kumzala bobabini woba ngunyana kamfi, khon' ukuze umlibo wakhe ungatshitshi kwaSirayeli.

[7]Kambe ke ukuba umntakwabo-mfi lo akafuni kumthatha, umka-mfi makaye kuxelela amadoda amakhulu edolophu leyo, athi: ‘Umntakwabo-mfi akavumi kuwenza umsebenzi wakhe; uyala ukuvelisela umfi inzala phakathi kwamaSirayeli.’

[8]Ke wona amadoda amakhulu aya kumbiza athethe naye. “Ukuba ke uphikelela ukwala,

[9]umka-mfi lowo makaye kuye ekho namadoda amakhulu edolophu leyo, afike akhulule isihlangu sakhe, amtshicele ebusweni, athi: ‘Nantso ke into eyenziwayo

contra um homem que não dá a seu irmão descendentes em Israel!'

[10] E daquele momento em diante toda a descendência daquele homem será conhecida em Israel como 'a família do descalçado'.

[11] Quando dois homens, irmãos israelitas, estiverem brigando, e a esposa de um deles aproximar-se na tentativa de livrar o marido daquele que o ataca e agarrar o agressor pelos órgãos genitais,

[12] então tu lhe cortarás as mãos! Que teu olho não tenha dó nem piedade.

Pesos e medidas justos

[13] Não terás em tua bolsa dois tipos de peso: um pesado e outro leve.

[14] Não terás em tua casa dois tipos de medida: uma grande e outra pequena.

[15] Terás um peso íntegro e equânime, medidas íntegras e justas, para que teus dias se prolonguem felizes sobre o solo que Yahweh, teu Deus, te concede.

[16] Porque o Eterno, o teu Deus, abomina a todos que praticam tais injustiças, a todos quantos negociam desonestamente!

Amaleque será destruído

[17] Lembra-te do que os amalequitas te fizeram no caminho, quando foste liberto e partiste do Egito.

[18] Quando estavas cansado e exausto e, de surpresa e pelas tuas costas, sem o menor temor a Deus, atacaram a todos os desfalecidos que iam atrás.

[19] Quando o SENHOR, teu Deus, te der o descanso de todos os inimigos ao teu redor, na terra que ele te concede para dela tomares posse, deverás apagar a memória de

kumntu ongafuniyo ukuvelisela umntakwabo inzala.'

[10]Jikelele ke kwaSirayeli umzi wakhe uya kwaziwa njengomzi ondoda ikhululelwe isihlangu."

Izilumkiso

[11]"Ukuba amadoda amabini ayalwa, aze umfazi wenye azame ukuncedisa indoda yakhe ngokubamba le ilwa nayo ngobudoda,

[12]sukumenzela nceba, mnqumle isandla.

[13-14]"Xa usebenzisa isilinganiso sukwenza buqhophololo mayela nobunzima nobungakanani. Izilinganiso zakho mazibe zezizizo ngalo lonke ixesha.

[15]Sisebenzise ngokunyaniseka isilinganiso, khon' ukuze uhlale ithuba elide kwelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho.

[16]Kaloku banezothe kuNdikhoyo abantu abanobuqhophololo.

[17]"Ungaze uyilibale into enayenziwa ngama-Amaleki ngokuya nanivela eJiputa.

[18]Wona ahlangana nani nidiniwe, niphelelwe ngamandla, aza ababulala bonke abo baberhuqeka ngasemva. Kaloku ayengamoyiki uThixo.

[19]Ngoko ke akuba uNdikhoyo ekuhlangule kuzo zonke iintlanga ezikungqongileyo, waza wawuma umhlaba akunika wona ukuba ube lilifa lakho, uze uwabulale

Amaleque de debaixo do céu. Não te esqueças disso!

Deuteronômio 26

As primícias da terra

[1] Quando entrares na terra que Yahweh, o teu Deus, te prometeu dar como herança, e dela tiveres tomado posse e lá estiveres habitando,

[2] tomarás alguns dos primeiros frutos de tudo que recolheres do solo que Yahweh, teu Deus, te dará e, depositando-os num cesto, irás ao lugar que o SENHOR, teu Deus, houver escolhido para aí fazer habitar seu santo Nome.

[3] Virás ao sacerdote em função naqueles dias e lhes dirás em voz alta: 'Declaro hoje diante de Yahweh, meu Deus, que entrei na terra que o Eterno, sob juramento, prometera conceder aos nossos antepassados!'

[4] O sacerdote receberá o cesto de tua mão, e o colocará perante o altar do SENHOR, teu Deus.

[5] Então, solicitando a palavra, tu declararás em alta voz diante de Yahweh, teu Deus: 'Meu pai era um arameu errante. Ele desceu ao Egito com um pequeno grupo de pessoas e ali viveu e tornou-se uma grande nação, poderosa e numerosa.

[6] Contudo, os egípcios nos maltrataram e nos humilharam, impondo-nos uma dura escravidão.

[7] Gritamos então a Yahweh, Deus dos nossos pais; o Eterno ouviu a nossa voz: observou a nossa miséria, nosso sofrimento e nossa contínua opressão.

uwatshayele ama-Amaleki atsho alibaleke. Uyabona ke, uze ungaphazami!"

Uhlaziyo-Mnqophiso 26

Iminikelo yesivuno

[1]"Wakuba ungenile wema kwelo lizwe uliphiwa nguNdikhoyo uThixo wakho,

[2]umntu ngamnye aze athathe ibhaskiti, afake ulibo lwento nganye ayilimileyo, aye nayo kuloo ndawo yonqulo yalathwe nguNdikhoyo uThixo wakho ukuzinzisa igama lakhe.

[3]Akufika ke uya kuya kumbingeleli osesikhundleni ngelo xesha, afike athi kuye: 'Ngoku ndivakalisa kuNdikhoyo uThixo wam ukuba ndingenile kwelo lizwe wayethembise ngesifungo ukusinika lona koobawo-mkhulu.'

[4]"Ke yena umbingeleli lowo uya kuyithatha ibhaskiti leyo, ayibeke phambi kweqonga lamadini kaNdikhoyo uThixo wakho.

[5]Apho ke phambi koNdikhoyo uThixo wakho wena uya kucengceleza la mazwi, uthi: 'Ubawo-mkhulu wayesisibhadu-bhadu esiphaleleyo somAram esafuduka saya kuphambukela kwelaseJiputa. Ewe, babembalwa ukuya kwabo, kodwa babuya sebesisizwe esikhulu esomeleleyo.

[6]AmaJiputa asiphatha gadalala, asinyanzela ukuba sisebenze sibulaleka.

[7]Ke thina sazibika kuNdikhoyo uThixo woobawo-mkhulu. Yena wasiva isikhalo sethu, wakubona oko kubandezeleka, naloo

hambo-nzima, ngokunjalo nengcinezelo esasikuyo.

[8] E o SENHOR nos fez sair do Egito com mão poderosa e braço forte, em meio a grande espanto e pavor, com sinais maravilhosos e prodígios.

[8]Ngobo bungangamsha naloo mandla akhe ke wasikhupha kwelaseJiputa. Wenza imiqondiso nemimangaliso, wabetha kwehla izinto ezirhwaqelisayo.

[9] Ele nos conduziu a este lugar e nos entregou esta terra, terra onde manam leite e mel.

[9]Wasithatha ke waza kusibeka apha, wasinika eli lizwe lobisi nobusi.

[10] E agora, portanto, eis que trago a primeira parte das colheitas da terra que tu, ó SENHOR, me deste!' Em seguida, depositarás o cesto perante Yahweh, o teu Deus, e te curvarás em sinal de louvor a Yahweh, teu Deus.

[10]Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo, ndikuphathele olu libo lwesivuno somhlaba ondiphe wona.' "Wakuba utshilo ke, ibhaskiti leyo uya kuyibeka phantsi apho phambi koNdikhoyo uThixo wakho, umnqule.

[11] Tu te alegrarás, então, por todas as bênçãos e produtos que o SENHOR, teu Deus, concedeu a ti e à tua casa, e, juntamente contigo, o levita e o estrangeiro que reside em teu meio.

[11]Ewe, vuya, ube nemincili ngenxa yendyebo wena nendlu yakho akunike yona uNdikhoyo uThixo wakho. NabaLevi kunye nabangeneleli abahlala apho phakathi kwenu mababe nenxaxheba apho kulo msitho.

Oração daquele que deu os dízimos

[12] No terceiro ano, ano dos dízimos, quando tiveres acabado de separar todo o dízimo da tua colheita e o tiveres dado ao levita, ao estrangeiro, ao órfão e à viúva para que comam e fiquem saciados em tuas cidades,

[12]"Njalo kunyaka wesithathu, ongunyaka wezishumi, khupha isishumi sesivuno sakho, usinike abaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi, khon' ukuze bathi xa bebonke, kuzo zonke izixeko, batye banele. Wakuba wenjenjalo ke

[13] tu declararás diante de Yahweh, teu Deus: 'Tirei de minha casa o que estava consagrado e o dei ao levita, ao estrangeiro, ao órfão e à viúva, conforme todos os mandamentos que me ordenaste. Não transgredi nem me esqueci dos teus decretos.

[13]thetha noNdikhoyo uThixo wakho, uthi: 'Ngoku ke ndiyikhuphile inxaxheba yakho; ndiyiphe abaLevi, nabangeneleli, neenkedama, nabahlolokazi, ngokomyalelo owandinika wona. Ewe, andiphambukanga okanye ndilibale namnye kwimiyalelo yakho ngesishumi.

[14] Da porção sagrada nada comi durante o meu luto e, estando eu cerimonialmente

[14]Andityanga nento le kuso xa ndandizilile; andakhupha nento le kuso kowam umzi xa

impuro, dele nada tirei e dele nada ofereci aos mortos. Obedeci à voz de Yahweh, meu Deus, e agi de acordo com tudo o que me ordenaste.

ndandinomlaza; futhi andithathanga nento le kuso ndenza idini labangasekhoyo. Ndikuthobele, Ndikhoyo Thixo wam. Ewe, ndenze konke obundiyalele kona mayela nesishumi.

15 Inclina-te, pois, da tua morada santa, no céu, e abençoa o teu povo Israel, como também o solo que nos deste, conforme juraste aos nossos pais, uma terra que gera leite e mel!'

15Ngoko ke khawondele ezantsi ukwelo khaya lakho likhethekileyo – izulu – ujonge usapho lwakho amaSirayeli, uwathi jize ngamathamsanqa, ngokunjalo nalo mhlaba usiphe wona. Ewe, yenza ngokwesifungo sakho koobawo-mkhulu – nditsho eso selizwe eliphuphuma ubisi nobusi.' "

Abantu bakaNdikhoyo

16 Hoje Yahweh, o teu Deus, te ordena cumprir estes decretos e ordenanças. Cuidarás de colocá-los em prática com todo o teu coração e com toda a tua alma.

16"Namhlanje ke uNdikhoyo uThixo wenu uniyalela ukuba niyithobele yonke imimiselo nemithetho yakhe. Ewe, nyanisekani niyithobele ngomxhelo wenu uphela.

17 Hoje fizeste declarar que o Eterno será teu Deus, e que tu andarias em seus abençoados caminhos, observando seus estatutos, seus mandamentos e seus princípios, e obedecendo à sua Palavra.

17"Ngokunjalo ke namhlanje niyivakalisile into yokuba uNdikhoyo nguThixo wenu; futhi nithembisile ukuba niya kumthobela, niyenze imimiselo nemiyalelo nemithetho yakhe.

18 E hoje Yahweh declara que, conforme prometeu, tu és o seu povo, o seu tesouro pessoal, conforme te falou, e que deves obedecer a todos os seus mandamentos.

18Kunamhlanje nje ke uNdikhoyo uyivakalisile into yokuba unamkele naba ngabantu bakhe ncakasanangokwesithembiso sakhe; ngoko ke uyaniyala, uthi yithobeleni imiyalelo yakhe.

19 Ele declarou que te faria superior, em honra, fama e glória, a todas as nações que ele fez, e tu serás um povo consagrado a Yahweh, teu Deus, conforme Ele prometeu".

19Ke yena uya kuniphakamisa, nibe ngaphezu kwazo zonke izizwe awazidalayo, khon' ukuze nityibele nibonga nilizisele udumo nesithozela igama lakhe. Ngenene niya kuba ngabantu bakaNdikhoyo uThixo wenu ngokomlomo wakhe."

Deuteronômio 27

Uhlaziyo-Mnqophiso 27

A ordem de levantar um padrão e gravar nele a lei

[1] Moisés e os anciãos, autoridades de Israel, ordenaram então ao povo: “Observa todos os mandamentos que hoje te ordeno!

[2] No dia em que atravessares o Jordão para entrares na terra que Yahweh, teu Deus, te dará, levantarás algumas grandes pedras e as pintarás com cal.

[3] atravessado para adentrar na terra que Yahweh, o teu Deus, te concede, uma terra onde manam leite e mel, como o SENHOR, o Deus dos teus antepassados, te prometeu.

[4] Logo após ter atravessado o Jordão erigirás essas rochas, conforme hoje te ordeno, sobre o monte Ebal, e as caiarás.

[5] E lá edificarás um altar em louvor a Yahweh, teu Deus, um altar de pedras não trabalhadas por ferro;

[6] é com pedras brutas que vais edificar o altar do SENHOR, o teu Deus, e sobre ele oferecerás holocaustos, sacrifícios totalmente queimados, a Yahweh, teu Deus.

[7] Oferecerás ali sacrifícios de paz e comunhão. Comerás as ofertas com gratidão e alegria na presença do Eterno, o teu Deus.

[8] Sobre essas pedras que ergueres escreverás com bastante clareza todas as palavras desta Lei!”

[9] Então Moisés, tendo ao seu lado os sacerdotes levitas, proclamou a todo o Israel: “Faze silêncio e ouve com atenção, ó Israel! Hoje, vieste a ser povo de Yahweh, teu Deus.

[10] Portanto, obedecerás à voz do SENHOR, teu Deus, e lhe cumprirás os mandamentos e os decretos que hoje te ordeno!”

As maldições que serão lançadas do monte Ebal

Ukubhengezwa kwemiyalelo nemithetho

[1]UMosis ekunye namadoda amakhulu akwaSirayeli wathi: “Ze niyithobele yonke imiyalelo endininika yona namhlanje.

[2]Mhla nayiwela iJordan nangena kwelo lizwe niliphiwa nguNdikhoyo uThixo wenu, ze nimise amatye amakhulu, niwatyabeke ngefutha,

[3-4]niwabhale kuwo onke amazwi alo mthetho. Xa seniwelile nangena kwelo lizwe lobisi nobusi nalithenjiswa nguNdikhoyo uThixo wooyihlo-mkhulu, la matye ze niwamise kwintaba iEbhali, niwatyabeke ngefutha ngokwalo myalelo ndininika wona namhlanje.

[5]Apho ke ze nakhele uNdikhoyo uThixo wenu iqonga lamadini ngamatye angaqingqwanga ngezixholo zentsimbi.

[6]Kaloku iqonga enilakhela uNdikhoyo uThixo wenu kufuneka libe lelamatye angaqingqwanga. Kulapho ke ekufuneka ninikele ngamadini atshiswayo,

[7]ngokunjalo nenze namadini obudlelwana, nitye ninombulelo apho phambi koNdikhoyo uThixo wenu.

[8]Kuloo matye atyatyekwe ngefutha ke ze niwabhale ngokucacileyo onke amazwi alo mthetho.”

[9]UMosis ekunye nababingeleli babaLevi ke wabhekisa kumaSirayeli, wathi: “Khanindibolek' iindlebe, maSirayeli! Namhlanje nibe ngabantu bakaNdikhoyo ncakasana. Nguye iNkosi yenu.

[10]Ngoko ke ze niyithobele imiyalelo nemimiselo endininika yona.”

Isiqalekiso ngenxa yentswela-mbeko

[11] No mesmo dia Moisés ordenou ao povo:

[12] "Quando houveres passado o Jordão, as tribos que estarão sobre o monte Gerizim para abençoar todo o povo serão: Simeão, Levi, Judá, Issacar, José e Benjamim.

[13] E as tribos que estarão no monte Ebal para declararem maldições serão: Rúben, Gade, Aser, Zebulom, Dã e Naftali.

[14] E os levitas recitarão diante de todo o povo de Israel, em alta voz:

[15] 'Maldita a pessoa que esculpir uma imagem ou fizer um ídolo de material fundido, obra de artesãos, mas abominável ao SENHOR, e ainda tentar adorá-la em segredo! E todo o povo em assembleia responderá: Amém, é verdade, assim seja!

[16] Maldito quem desonrar seu pai ou mãe. E todo o povo dirá: Amém!

[17] Maldito quem deslocar o marco de fronteira do seu vizinho. E todo o povo dirá: Amém!

[18] Maldito quem fizer o cego errar o caminho. E todo o povo dirá: Amém!

[19] Maldito quem negar justiça ao estrangeiro, ao órfão ou à viúva. E todo o povo dirá: Amém!

[20] Maldito quem se deitar com a mulher do seu pai, profanando a cama do seu pai. E todo o povo dirá: Amém!

[21] Maldito quem tiver relações sexuais com algum animal. E todo o povo dirá: Amém!

[11]Ngaloo mini uMosis wawayalela amaSirayeli, wathi:

[12]"Xa seniyiwelile iJordan ezi zizwe zilandelayo ze zime kwintaba iGerizim xa kuthamsanqelwa amaSirayeli: uSimon, uLevi, uJuda, uIsakare, uJosefu, noBhenjamin.

[13]Kanti ke nazi eziya kuma kwintaba iEbhali xa kuqalekiswa: uRubhen, uGadi, uAshere, uZebhulon, uDan, noNafetali.

[14]"Ke bona abaLevi baya kuvakalisa la mazwi bekhwaza besithi:

[15]'Uqalekisiwe umntu oqingqa umfanekiso ngelitye, umthi, noba sisinyithi, aze awunqule emfihlakalweni. Into enjalo lisikizi kuNdikhoyo.' "Ke bona abantu bophendula besithi: 'Makube njalo!'

[16]" 'Uqalekisiwe nabani na odela uyise noba ngunina.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[17]" 'Uqalekisiwe nabani na oshenxisa umlimandlela wommelwane.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[18]" 'Uqalekisiwe nabani na olahlekisa imfama endleleni.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[19]" 'Uqalekisiwe nabani na ogqwetha inyaniso xa kuthethwa ityala labangeneleli neenkedama nabahlolokazi.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[20]" 'Uqalekisiwe umntu owambatha umkayise, kuba unyelisa uyise.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[21]" 'Uqalekisiwe nabani na olala nesilwanyana.' "Ke bona abantu bophendula bathi: 'Makube njalo!'

[22] Maldito quem se deitar com sua irmã, filha de seu pai ou de sua mãe. E todo o povo dirá: Amém!

[23] Maldito quem se deitar com sua sogra. E todo o povo dirá: Amém!

[24] Maldito quem ferir de morte seu próximo, em oculto. E todo o povo dirá: Amém!

[25] Maldito quem aceitar qualquer pagamento para matar uma pessoa inocente. E todo o povo dirá: Amém!

[26] Maldita seja toda pessoa que não puser em prática as palavras desta Lei! E todo o povo pactuará, respondendo: Amém, é verdade, assim seja!'

Deuteronômio 28

As bênçãos que serão lançadas do monte Gerizim

[1] Se fielmente obedeceres à Palavra do SENHOR, teu Deus, tendo o zelo de seguir todos os seus mandamentos que neste dia te ordeno, Yahweh, o teu Deus, te exaltará sobre todas as nações da terra!

[2] Se ouvires a voz do Eterno, teu Deus, virão sobre ti e te acompanharão todas estas bênçãos:

[3] Bendito serás tu na cidade e bendito serás no campo.

[4] Benditos os filhos do teu ventre, como igualmente as colheitas da tua terra, os bezerros e os cordeiros dos teus rebanhos.

[5] Benditos o teu cesto e a tua amassadeira.

[22]“ ‘Uqalekisiwe umntu owambatha udade wabo, nditsho intombi kayise nokuba yekanina.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

[23]“ ‘Uqalekisiwe umntu owambatha umkhwekazi.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

[24]“ ‘Uqalekisiwe umntu ogebenga umwabo engabonwa.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

[25]“ ‘Uqalekisiwe umntu othengwayo khon' ukuze agebenge abamsulwa.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’

[26]“ ‘Uqalekisiwe nabani na ongazithobeliyo aziphumeze iimfundiso zalo mthetho.’ “Ke bona abantu bophendula bathi: ‘Makube njalo!’ ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 28

Kuluyolo ukuthobela

(Nqulo 26:3-13; Hlaz 7:12-24)

[1]“Ke ukuba ulithobele ilizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, wayenza ngononophelo imiyalelo endikunika yona namhlanje, uNdikhoyo uya kukuphakamisa kunazo zonke izizwe zehlabathi.

[2]Xa uthe walithobela ke walenza lizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, nâzi iintsikelelo owozixhamla:

[3]“Wosikelelwa ezidolophini nasemaphandleni.

[4]“Wosikelelwa, umfazi wakho azale, emasimini indyebo ibe ngako, yona imfuyo yande, kubekho amathole namatakane.

[5]“Wosikelelwa, ingobozi yakho iphuphume isivuno, isitya sakho sokuxovulela sihlale sinentlama.

[6] Bendito serás ao entrares e bendito, ao saíres.

[7] O SENHOR fará que sejam derrotados na tua presença os inimigos que se levantarem contra ti; por um caminho, partirão contra ti, mas, por sete caminhos, fugirão da tua presença.

[8] O SENHOR enviará bênçãos aos teus celeiros bem como a todo trabalho realizado pelas tuas mãos. Yahweh, o teu Deus, te abençoará ricamente na boa terra que te concede.

[9] Yahweh fará de ti seu povo santo, exatamente como te prometeu sob juramento, se obedeceres aos mandamentos do SENHOR, o teu Deus, e andares nos seus caminhos!

[10] Então todos os povos da terra verão que és abençoado e protegido pelo Nome de Yahweh e terão pavor de ti.

[11] O SENHOR te concederá grande prosperidade, no fruto saudável do teu ventre, nas muitas crias dos teus rebanhos e nas colheitas abundantes da tua terra generosa, nesta terra que o Eterno, sob juramento a teus pais, prometeu dar-te.

[12] O SENHOR te abrirá o céu, o depósito do seu tesouro, para dar chuva à tua terra no seu tempo e para abençoar toda obra das tuas mãos; emprestarás a muitas gentes, porém tu não tomarás emprestado.

[13] O SENHOR fará de ti a cabeça das nações e não a cauda. Se obedeceres aos mandamentos de Yahweh, o teu Deus, que neste dia te ordeno, para os guardar e

[6]“Wosikelelwa ekuphumeni kwakho, nasekubuyeni kwakho ngokunjalo.

[7]“UNdikhoyo uya kukuvathisa ngoloyiso, nditsho noba sewuhlaselwa ziintshaba. Zothi noba sezivela kwicala elithile, wena uzibethe zithi saa macal' onke.

[8]“UNdikhoyo uThixo uya kuwuthamsanqela umsebenzi wakho, izisele zakho zihlale ziphuphuma. Uya kukuthi jize ngamathamsanqa kwelo lizwe akunika lona.

[9]“Ukuba niyithobele imiyalelo nahamba ngokwelizwi lakhe, uNdikhoyo uThixo wenu uya kunimisela nibe ngabantu bakhe ncakasana ngokwesithembiso sakhe.

[10]“Ziya kuthi ke izizwe zehlabathi, zakuqonda ukuba uNdikhoyo unenze abantu bakhe, zitsho zinihlonele.

[11]“Ewe, uNdikhoyo wokuthi jize ngenkqubela, uzale abantwana, imfuyo yakho ibe namathole namatakane, amasimi akho axakathe isivuno kwelo lizwe uNdikhoyo wafunga ukubanika lona ooyihlo-mkhulu.

[12]UNdikhoyo uya kuwavula amazulu ngexesha elililo, imvula ayiphokoze kuvimba wakhe, awuthamsanqele umsebenzi wakho, khon' ukuze ungasweli nto, koko ubolekis' ezizweni, phofu wena ngokwakho ube ungafuni nto mntwini.

[13]UNdikhoyo uya kukwenza ube yimbalasane phakathi kwezizwe, ungabi semxukuxeleni. Uya kuba soloko unenkqubela, ungaze uwe phantsi, ukuba

cumprir. Sendo assim, estareis sempre por cima, nunca por baixo!

14 Portanto, não te desviarás, nem para a direita nem para a esquerda, de qualquer dos mandamentos que hoje te ordeno, a fim de seguires outros deuses e prestar-lhes culto.

Castigos por desobediência

15 Contudo, se não obedeceres à Palavra de Yahweh, teu Deus, não zelando pelo cumprimento de todos os seus mandamentos e decretos que neste dia te ordeno, então virão todas estas maldições sobre ti e te alcançarão:

16 Maldito serás tu na cidade e amaldiçoado serás no campo.

17 Malditos o teu cesto e a tua amassadeira.

18 Malditos os filhos do teu ventre, e o fruto da tua terra, e as crias das tuas vacas e das tuas ovelhas.

19 Maldito serás ao entrares e amaldiçoado, ao saíres.

20 O SENHOR mandará sobre ti maldições, confusão e repreensão em tudo o que fizeres, até que sejas destruído e sofras repentina ruína por causa da malignidade das tuas ações, pelas quais me abandonaste.

21 O SENHOR te encherá de doenças até banir-te da boa terra em que estás entrando para dela tomares posse.

22 O SENHOR te ferirá com doenças devastadoras, febre e inflamação, com calor abrasador e seca, com ferrugem e mofo, que te infestarão até que morras.

uyithobele wayenza imiyalelo yakhe endikunika yona namhlanje.

14Noba sekutheni na ungaze uphambuke nakancinane kule miyalelo; ungaze unqule ubuse oothixo abangabambi.”

Iziqalekiso zokungathobeli
(Nqulo 26:14-46)

15“Kambe ke ukuba akulithobelanga ilizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, ukuba akuyenzanga yonke le miyalelo nale mimiselo ndikunika yona namhlanje, ziya kukufumana iziqalekiso:

16“Woqalekiswa ezidolophini nasemaphandleni.

17“Yoqalekiswa ingobozi yakho, nesitya sakho sokuxovulela ngokunjalo.

18“Yoqalekiswa inzala yakho, nesivuno somhlaba wakho, kwanamathole namatakane emfuyo yakho.

19“Woqalekiswa ekuphumeni kwakho, nasekubuyeni kwakho ngokunjalo.

20“UNdikhoyo uya kukuzisela ishwangusha, kube sisiphithi-phithi nenkxwaleko kuyo yonke into oyenzayo, suka uhlelwe sisithwakumbe ude utshabalale ngephanyazo, ngenxa yobubi obenzileyo bokumlahla ungamthobeli uNdikhoyo.

21UNdikhoyo uya kukubetha ngezifo ngezifo, akutshayele uphele nya, ungawuhlali lo mhlaba uza kungena kuwo ngoku.

22Uya kukubetha ngezifo ezidla umzimba, umkhuhlane, necesina. Umoya onolophu uya kuwatshabalalisa amasimi akho, akuyekele ngembalela kwanezifo kwizilimo

23 O céu sobre a tua cabeça se tornará como bronze, o chão debaixo de teus pés, como ferro.

24 Yahweh transformará a chuva da tua terra em cinza e pó, que descerá do céu sobre ti até que fiques completamente em ruínas.

25 O SENHOR fará que sejas derrotado pelos adversários. Sairás contra eles por um caminho, mas, por sete caminhos fugirás deles, e serás motivo de horror para todos os reinos da terra.

26 Os teus cadáveres servirão de alimento para todas as aves do céu e para os animais selvagens da terra, e não haverá quem os possa enxotar.

27 O SENHOR te castigará com as úlceras do Egito e com tumores, feridas purulentas e sarna, males para os quais não descobrirás a cura.

28 SENHOR te afligirá com loucura, cegueira e confusão mental.

29 Andarás sob a luz do meio-dia tateando às voltas, sem rumo, como um cego nas trevas. Não encontrarás prosperidade em nada que realizares; dia após dia serás oprimido e extorquido, sem que ninguém te possa salvar.

30 Tu te desposarás com uma mulher, porém outro homem terá relações sexuais com tua esposa; edificarás uma casa, contudo não habitarás nela; plantarás uma vinha, mas não provarás dos seus frutos.

zakho. Ezi zibetho ke ziya kukuthi nca ude ungabikho.

23Ilanga liya kubalela esibhakabhakeni, umhlaba wome ube lilitye.

24Imvula aya kuyinisa uNdikhoyo yoba zizaqhwithi nothuli, ude utshabalale.

25“UNdikhoyo uya kuzipha uloyiso iintshaba zakho, zikuvuyelele. Wothi uzihlasela kweli cala, zona zikubethe uthi saa macal' onke. Zonke ke izizwe zehlabathi ziya kuthi zakuyibona le nto ikuhleleyo zitsho zihlasimle.

26“Xa senifile imizimba yenu iya kutyiwa ziintaka namarhamncwa, futhi kungabikho namntu uzigxothayo.

27UNdikhoyo uya kukubetha ngamathumba uxel' amaJiputa. Umzimba wakho uya kuphanjwa zizilonda nalukhwekhwe, urhawuzelelwe ingekho nendlela yokukunyanga.

28UNdikhoyo uya kukubetha ngogezo, ubumfama, nobuthwanga-thwanga.

29Uya kuba ngathi uyimfama, uphampathe ngoku ilanga lihlab' umhlaba. Kuyo yonke into oyenzayo akuyi kuba nampumelelo. Uya kuba sisisulu sengcinezelo, uphangwe, kungekho bani ungakuncedayo.

30“Noba sewulobola intombi, kovela mntu wumbi ayixhaphaze. Noba sowusakha indlu, soze uyihlale. Uya kuba ngatyala isidiliya, ungacholi naphantsi kuso.

[31] O teu boi será abatido diante dos teus olhos, porém da carne não te alimentarás; o teu jumento te será arrancado à força e não será devolvido; as tuas ovelhas serão entregues aos inimigos, e ninguém as salvará.

[32] Teus filhos e tuas filhas serão tomados como escravos e levados para servir a outros povos, e os teus olhos se consumirão à espera deles, dia após dia, sem que te seja possível erguer uma só mão para fazê-los regressar.

[33] Uma nação que não conheces comerá aquilo que a terra e o teu trabalho árduo produzirem, e sofrerás a mais cruel das opressões todos os dias da tua vida na terra.

[34] Então te enlouquecerás diante de tudo o que teus olhos virem.

[35] O SENHOR te ferirá com úlceras malignas nos joelhos e nas pernas, das quais não te possas curar, desde a planta do pé até o alto da cabeça.

[36] O SENHOR te levará, e também o rei que te governar, a uma nação que tu e teus antepassados nunca conheceram. Lá prestarás culto a deuses estranhos, ídolos de madeira e de pedra.

[37] Serás, assim, motivo de pavor e escândalo, objeto de escárnio e riso para todas as nações por onde o SENHOR te conduzir.

[38] Lançarás muitas sementes ao campo de tua terra; no entanto, colherás quase nada, porque os gafanhotos as devorarão.

[31]Nenkomo yakho iya kuxhelwa ujongile, kodwa ungakhothi naphantsi kuloo nyama. Idonki yakho iya kuthinjwa ubukele, ungaze ubuye uyibone. Iigusha zakho ziya kunikelwa ezintshabeni, kungabikho namntu ungakuncedayo.

[32]Oonyana neentombi zakho ziya kunikezelwa kwezinye iintlanga ujongile. Uya kutyabuk' amehlo ujong' enkalweni, ulindele ukubuya kwabantwana bakho, kungekho nto unokuyenza.

[33]Kuya kuvela uhlanga ongalwaziyo, lufike luvune izilimo zakho obulalekileyo ngazo, ke wena into oya kuyizuza yingcinezelo nentshutshiso engaphele ndawo.

[34]Ububi obubonayo buya kukubetha utsho ube ligeza.

[35]UNdikhoyo uya kukubetha ngamathumba anganyangekiyo emadolweni nasemilenzeni, athi tshitshilili ukusuka entloko kuye kuthi xhaxhe ngeenyawo.

[36]“Wena, ngokunjalo nokumkani ommiseleyo, uNdikhoyo uya kunithatha anise kwilizwe eningalaziyo, elingazange laziwa nangooyihlo-mkhulu. Apho ke uya kunqula thixo bambi abenziwe ngomthi, ngokunjalo nabamatye.

[37]Kwezo zizwe akusasaze kuzo uNdikhoyo abantu baya kukuthela nqa, ube yintlekisa nondaba-mlonyeni.

[38]“Uya kuthi ngoku ubuhlwayele kakhulu uvune into engekhoyo. Kaloku isivuno sakho siya kunqunquthwa ziinkumbi.

[39] Plantarás e cultivarás muitas vinhas, porém do seu vinho não beberás, nem colherás as uvas, porque os vermes as comerão.

[40] Em todos os teus limites terás oliveiras; porém nem te poderás ungir com azeite, porquanto as tuas azeitonas cairão antes de amadurecerem.

[41] Gerarás filhos e filhas, mas não ficarão contigo, porque estrangeiros os levarão para servirem no cativeiro.

[42] Enxames de gafanhotos se apoderarão de todas as árvores e plantações da tua terra.

[43] O estrangeiro que está no meio de ti progredirá e terá mais sucesso todos os dias, enquanto tu regredirás a cada momento, mais e mais.

[44] Ele emprestará a ti, porém tu não lhe emprestarás; ele será considerado como cabeça entre as nações, e tu serás a cauda.

[45] Portanto, todas estas maldições virão sobre ti e te perseguirão e te alcançarão até que sejas completamente destruído; porquanto não ouviste a voz do Eterno, teu Deus, para guardares seus mandamentos e seus estatutos, que te ordenou.

[46] Estas maldições serão um prodígio e um sinal eterno para teus descendentes por todas as gerações futuras.

[47] Considerando que não quiseste obedecer e servir ao SENHOR, teu Deus, com alegria e bondade de coração, na abundância de tudo o que Ele proveu para teu usufruto,

[48] então servirás ao teu inimigo, que o Eterno enviará contra ti, trazendo fome, sede, nudez, falta de absolutamente tudo; e

[39]Uya kuba ngatyala isidiliya usihlakule usilungise, ungazuzi diliya nawayini, kuba kaloku siya kungenelwa ngurhuxeshe.

[40]Umnquma uya kubakho kuyo yonke indawo kwelo lizwe, kodwa wena ungabi nawo amafutha okuthambisa, kuba umnquma lowo uya kuvuthuluka.

[41]Oonyana neentombi uya kuba nabo nje ngegama, kuba baya kuthinjwa.

[42]Imithi yakho yeziqhamo, ngokunjalo nezilimo, ziya kunqunquthwa yinkumbi.

[43]“Abangeneleli belakowenu baya kubalasela baye beqaqamba ngokuqaqamba, ke nina niye nidodobala ngokudodobala.

[44]Baya kubolekisa kuwe, ube ke wena ungenanto yakubolekisa. Ekugqibeleni ke baya kuba ziinkokheli, wena ube ngumlandeli.

[45]“Zonke ke ezi ziqalekiso ziya kukujikeleza zide zikufumane, zikuvuthulule uphele, ngenxa yokuba ungaliphulaphulanga ilizwi likaNdikhoyo uThixo wakho, ungayenzanga imiyalelo nemimiselo endikunike yona.

[46]Ziya kuba ngumqondiso nesimanga kuwe nakwisizukulwana sakho kude kube nini-nini.

[47]“Nakuba uNdikhoyo uThixo wakho wakusikelela ngeendlela zonke nje, akuvumanga ukumnqula ngokuthakazela ngexesha lentlutha.

[48]Ngoko ke uya kubusa iintshaba akuthumele ngazo uNdikhoyo. Uya kucikidwa yindlala, unxano, nobuze,

o adversário ainda colocará um jugo de ferro sobre teu pescoço até exterminar-te!

naziindidi ngeendidi zeentswelo. Uya kukukhama ngedyokhwe yentsimbi ude utshabalale.

49 O SENHOR trará de terras muito distantes, dos confins da terra, uma nação pagã que se levantará contra ti como a águia em mergulho; nação cujo idioma não conseguirás entender,

49UNdikhoyo uya kukuthumela ngohlanga oluvela kwelikude eziphelweni zehlabathi, abantu abantetho ungayivayo; bona ke baya kukurhewula njengokhozi.

50 povo de aparência feroz, sem respeito nem pudor pelos idosos, tampouco qualquer misericórdia para com os jovens.

50Olu ke iya kuba luhlanga olungwanyalala, olungakhathalele mntu mdala, lungenanceba nasemntwaneni.

51 Essa nação devorará as crias dos teus animais e as plantações da tua terra até que sejas completamente destruído. Ela não te deixará sobrar nenhuma porção de trigo, vinho ou azeite, como também nenhum bezerro ou cordeiro dos teus rebanhos, até que estejas totalmente arruinado.

51Iinkomo nesivuno sakho siya kuba lilifa labo, ube ke ubulawa yindlala. Aba bantu baya kutshayela konke nje: ingqolowa, iwayini entsha, amafutha omnquma, inkomo nenzala yayo, ngokunjalo negusha; ke wena ude utshabalale.

52 Esse povo sitiará todas as cidades da tua terra, até que caiam os altos muros fortificados nos quais colocas tua confiança. Sitiará igualmente todas as tuas cidades, em toda a terra que o SENHOR, o teu Deus, te concede!

52Baya kuzihlasela bazingqinge zonke iidolophu zelo lizwe akunika lona uNdikhoyo uThixo wakho, nezo ndonga zinde ukholosa ngazo ziya kudilika zifadalale.

53 Por causa do tremendo sofrimento a que teu inimigo te submeterá durante aquele terrível cerco serás obrigado a comer o fruto do teu próprio ventre, a carne dos teus próprios filhos e filhas que o SENHOR, o teu Deus, te deu!

53“Xa sezikungqingile iintshaba zakho uya kuxineka ucikideke yindlala kangangokuba ude utye nabantwana bakho obaphiwe nguNdikhoyo uThixo wakho.

54 Até mesmo o ser humano mais fraterno e educado entre todos os membros do teu povo não demonstrará a menor compaixão por seu irmão, pela mulher que ama e pelos filhos que sobreviverem,

55 de modo que não repartirá com nenhum deles ao menos um pedaço da carne dos

54-55Nditsho namadoda aphucukileyo anesisa ngelo thuba aya kuphalala ebethwa yindlala, kangangokuba ade atye abantwana bawo. Indoda iya kuvimba nomntakwayo, nomfazi wayo oyintanda, nditsho nowokugqibela osekhoyo kubantwana bayo.

próprios filhos que estiver devorando, pois nada lhe sobrará devido aos muitos sofrimentos que teu adversário te infligirá durante o grande e devastador cerco de todas as tuas cidades.

56 Do mesmo modo, quanto à mulher israelita mais gentil e delicada entre todas as de teu povo, tão fina e educada que não ousaria tocar a terra com a planta do pé, seu olho se tornará maligno para com o marido a quem ama e para com o próprio filho ou filha,

57 não lhes entregando nem a placenta do ventre nem os filhos que gerar; porquanto a verdadeira intenção dela é devorá-los secretamente durante aquele horrível cerco e em meio aos grandes sofrimentos que teu adversário desferirá sobre as tuas cidades.

58 Portanto, se não seguires fielmente todas as palavras desta Torá, Lei, escritas neste livro, e não amares reverentemente este Nome glorioso e terrível, Yahweh, o teu Deus,

59 então Ele enviará, como castigo, pestes horríveis sobre ti e sobre teus descendentes, desgraças terríveis e prolongadas, doenças graves e crônicas.

60 Ele enviará contra ti todas as moléstias do Egito que temeste; e se apegarão a ti.

61 Também o SENHOR fará vir sobre ti toda enfermidade e toda praga que não estão escritas no livro desta Torá, Lei, até que sejas absolutamente arrasado.

62 Assim, restarão apenas uns poucos de vós em número de homens, vós que éreis, no

56-57Kwanomfazi ozitshoyo, intokazi esisigcodololo esichula ukunyathela, naye uya kuziphatha kwangolo hlobo. Luya kuthi lwakuningqinga utshaba acikidwe liphango, aphalale kangangokuba ade atye nosana agqib' ukulizala, ngokunjalo nomkhaya lowo, yonke ke le nto eyiba. Ewe, uya kude avimbe nendoda le yakhe yebhongo; asisathethi ke ngabantwana bakhe.

58“Ukuba akuyithobelanga ngenyameko imfundiso yalo mthetho ubhalwe kule ncwadi, ukuba uthe awalihlonipha eli gama lizukileyo linobuqaqawuli likaNdikhoyo uThixo wakho,

59wena ngokunjalo nenzala yakho úya kunibetha ngezithwakumbe ezingaqhelekanga nezingaphele ndawo, nezifo ezoyikekayo ezingeva yeza.

60Uya kukuzisela ezaa zifo zaseJiputa wawuzoyika kunene, zaye ke zona ziya kunamathela kuwe.

61“Ngaphezu koku uNdikhoyo uya kukuthumela ngazo zonke iindidi zezifo nezithwakumbe, nditsho nezo zingaxelwanga kule ncwadi yomthetho; ke zona ziya kukutshabalalisa.

62Nokuba nande nada nayinyambalala enjengeenkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni,

passado, tão numerosos quanto as estrelas do céu! Porque não destes ouvidos à Palavra do SENHOR, vosso Deus.

63 Do mesmo modo como foi agradável a Yahweh fazer-vos prosperar e multiplicar em número, também lhe será agradável destruir-vos e fazer-vos perecer. Sereis, pois, desarraigados da boa terra em que estais entrando para dela tomar posse.

64 Então Yahweh vos dispersará por todos os povos, de um extremo da face da terra ao outro, e aí servirás a deuses estranhos que nem tu nem teus antigos pais conheceram, feitos de madeira e de pedra.

65 Em meio a essas nações pagãs jamais terás paz e tranquilidade, e a planta dos teus pés não encontrará um só lugar para descansar. Lá, Yahweh te deixará com o coração desesperado, olhos exaustos e aflitos de tanto esperar, e alma ansiosa!

66 Viverás em constante incerteza, cheio de medo e terror, dia e noite, sem nenhuma segurança quanto à vida.

67 Ao raiar do dia pensarás: 'Tomara que já fosse noite!' E ao pôr do sol dirás: 'Ah! Quem me dera fosse dia!', por causa do pavor que se apoderará do teu coração e pelo flagelo que teus olhos contemplarão.

68 Yahweh te fará retornar ao Egito, de barco ou pelo caminho do qual eu te dissera: 'Nunca mais o vereis!' Lá sereis postos à venda para os teus inimigos como meros escravos e escravas, e mesmo assim, não haverá quem vos queira comprar!

liqaqobana nje eliya kusinda, kuba kaloku ningamthobelanga uNdikhoyo uThixo wenu.

63Kwanjengokuba uNdikhoyo wayenemihlali ngani waza waninika inkqubela wanandisa, kuya kuba kwanjalo ukunivuthulula nokunitshabalalisa kwakhe. Niya kuncothulwa nifuduswe kweli lizwe ningena kulo ngoku.

64“UNdikhoyo uya kukusasaza ezizweni jikelele, ehlabathini liphela, apho ke uya kunqula oothixo abenziwe ngomthi nabenziwe ngamatye, thixo abo ungazange ubanqule ngaphambili, bengazange banqulwa ngooyihlo-mkhulu.

65Soze ufumane nzolo naphi naphi, ungasoze ufumane nandawo yakuphumla. UNdikhoyo uya kukubetha ngonxunguphalo, ukuphalala, nokuncama.

66Ubomi bakho buya kuhlala busemngciphekweni. Imini nobusuku uya kuhlala ududa luloyiko, usoloko uxhalele ukufa.

67Uya kuba liphakuphaku ngenxa yobubi obubonayo. Kuya kuthi kwakuba kusasa uthi: 'Akwaba belitshona,' uthi ke lakutshona: 'Akwaba beliphuma.'

68UNdikhoyo uya kukubuyisela eJiputa ngeenqanawa, nangona nje ndandithe soze uphinde ubuyele khona. Apho ke uya kuzama ukuzithengisa kwiintshaba zakho, kodwa ke akukho bani uya kuze akuthenge.”

Deuteronômio 29

Deus faz um novo concerto com o povo

[1] São estes os termos da Aliança que Yahweh ordenou a Moisés estabelecer com os israelitas nas terras de Moabe, além da Aliança feita com eles no monte Sinai, em Horebe.

[2] Moisés convocou toda a nação de Israel e declarou: "Tendes contemplado tudo o que Yahweh realizou na terra do Egito, contra o Faraó, contra a multidão dos seus servidores e contra a sua terra:

[3] as grandes e maravilhosas provas que vossos olhos observaram, todos aqueles sinais e prodígios magníficos.

[4] Contudo, até o dia de hoje o SENHOR não vos tinha dado um coração sensível ao entendimento, olhos e ouvidos perceptivos, capazes de ver e ouvir com discernimento.

[5] 'Durante os quarenta anos em que vos fiz caminhar pelo deserto', disse Ele, 'nem as vossas vestes, tampouco as sandálias dos vossos pés se gastaram!

[6] Não tivestes pão para comer, nem vinho para beber, nem outra qualquer bebida fermentada, a fim de que pudesses chegar à compreensão de que Eu Sou Yahweh, o vosso Deus.'

[7] Mais tarde, quando fostes trazidos até este lugar, Seom, rei de Hesbom, e Ogue, rei de Basã, partiram ao nosso encontro para a guerra, mas nós os vencemos.

[8] Conquistamos a terra deles e a demos como herança às tribos de Rúben e de Gade e à metade da tribo de Manassés.

Uhlaziyo-Mnqophiso 29

Ukuhlaziywa komnqophiso eMowabhi

[1]Nantsi ke imiqathango yomnqophiso uNdikhoyo awayalela uMosis ukuba awenze namaSirayeli kwelaseMowabhi; yona ixhasa umnqophiso owenziwa nguNdikhoyo kwintaba iHorebhe.

[2]UMosis wawahlanganisa ndawonye amaSirayeli, waza wathetha nawo wenjenje: "Nizibonele ngokwenu into eyenziwe nguNdikhoyo kukumkani waseJiputa, nakumaphakathi akhe, nelizwe lakhe liphela.

[3]Nizibonile izibetho ezirhwaqelisayo, imiqondiso, nemimangaliso ayenzileyo uNdikhoyo.

[4]Kanti unanamhla akaninikanga ingqondo yokuqiqa, namehlo okubona, neendlebe zokuva.

[5]Kule minyaka ingamashumi amane ndinikhokela entlango, impahla yenu yokunxiba, ngokunjalo neembadada zenu, azikhange ziguge.

[6]Beningenasonka nawayini natywala, kodwa uNdikhoyo unilungiselele, khon' ukuze nimqonde ukuba unguNdikhoyo uThixo wenu.

[7]Sithe ke sakufika kulo mhlaba baphuma beza kusihlasela ookumkani uSihon waseHeshbhon nokumkani uOgi waseBhashan.Kambe ke saboyisa.

[8]Umhlaba wabo ke sawuthimba, sawahlulela indlu kaRubhen nekaGadi ngokunjalo nesiqingatha sakwaManase.

[9] Portanto, observai fielmente as palavras desta Aliança e colocai-as em prática para serdes prósperos e bem sucedidos em tudo o que realizardes.

[9]Ngoko ke yithobeleni ngenyameko imiqathango yalo mnqophiso, khon' ukuze nibe nempumelelo kuyo yonke into eniyenzayo.

[10] Hoje todos vós vos colocastes diante de Yahweh, vosso Deus: os líderes das vossas tribos, os anciãos e autoridades e todos os demais homens que habitam em Israel,

[10]“Namhlanje ke nimi phambi koNdikhoyo uThixo wenu, nina xa ninonke – iintloko zezindlu zakuni, amadoda amakhulu, amaphakathi namadoda akwaSirayeli ephela,

[11] juntamente com seus filhos e suas mulheres, inclusive os estrangeiros que vivem nos vossos acampamentos, cortando lenha e transportando água para vosso abastecimento.

[11]abafazi nabantwana benu, nabangeneleli abacanda iinkuni nabakha amanzi.

[12] Estais, pois, aqui reunidos para entrar em Aliança com Yahweh, pacto com imprecação que o SENHOR, teu Deus, assume contigo a partir deste momento,

[12]Nilapha ke khon' ukuze nifungiswe nibophelelekе kumnqophiso noNdikhoyo uThixo wenu,

[13] para que hoje Ele te confirme como seu povo, e que Ele próprio seja reconhecido por ti como o teu Deus, conforme te prometeu e jurou aos teus antepassados, Abraão, Isaque e Jacó.

[13]ukuze uNdikhoyo animisele nibe ngabantu bakhe ncakasana, yena ke abe nguThixo wenu ngokwesithembiso sakhe nanjengoko wafungayo kooyihlo-mkhulu, uAbraham noIsake noYakobi.

[14] Não estou firmando esta Aliança e este pacto sob juramento, somente convosco,

[14]Lo mnqophiso ke ngokunjalo nesi sifungo uNdikhoyo akasenzi nani kuphela,

[15] os que aqui estão presentes neste momento solene na presença do SENHOR, o nosso Deus, mas também com todos aqueles que não estão aqui hoje.

[15]koko usenza nabo bonke, nabangekhoyo apha namhlanje, ngokunjalo nani nina nimi phambi kwakhe namhlanje.

[16] Sim, vós bem conheceis de que modo vivíamos na terra do Egito, e como passamos em meio às nações que atravessastes;

[16]“Niyazi ukuba kwakunjani na kwelaseJiputa; futhi nisayikhumbula indlela esahamba ngayo sicanda kwimihlaba yezinye izizwe.

[17] observastes suas imagens e ídolos abomináveis, feitos de madeira, pedra, prata e ouro.

[17]Nayibona nemifanekiso engamasikizi eyenziwe ngomthi, amatye, isiliva, negolide.

[18] Zelai para que entre vós não haja nenhum homem ou mulher, clã, tribo ou família cujo coração se afaste do SENHOR, o nosso Deus, para adorar os deuses daquelas nações, e para que não haja no meio de vós nenhuma raiz que venha a produzir planta venenosa e muitas amarguras!

[19] Portanto, se uma pessoa, cujo coração se afastou do SENHOR para seguir ou cultuar outros deuses, ouvir as palavras deste pacto sob juramento, invocar uma benção sobre si mesma e pensar: 'Agora estarei seguro, haverei de ter paz andando conforme o bom parecer do meu coração', trará desgraça tanto à terra irrigada quanto à terra seca.

[20] O SENHOR jamais se disporá a perdoar tal pessoa, sua ira e seu zelo se acenderão contra essa transgressão. E todas as maldições escritas neste livro cairão sobre ela, e o SENHOR apagará seu nome de debaixo do céu!

[21] E, para seu infortúnio, o SENHOR a separará de todas as tribos de Israel para que sofra ainda maior desgraça, de acordo com todas as maldições estipuladas na Aliança escrita neste Livro da Torá, Lei.

[22] Os vossos filhos e vossos descendentes e os estrangeiros que chegarem de terras longínquas testemunharão as desgraças que terão caído sobre esta terra e as doenças com que o SENHOR a terá castigado.

[23] Toda a nação se transformará num deserto abrasador de enxofre e sal, nada que for semeado sobre a terra germinará, nenhuma vegetação brotará ou se desenvolverá. Será como a destruição de

[18]Lumkani ke hleze kubekho ndoda, mfazi, noba ngumzi, okanye isizwe kwezimi apha namhlanje, esiya kuthi simfulathele uNdikhoyo uThixo, sinqule oothixo beentlanga. Ze niqiniseke ingaze ibekho phakathi kwenu ingcambu eyityhefu evelisa iziqhamo ezikrakra.

[19]Xa umntu ololo hlobo athi akuyiva imiqathango yalo mnqophiso azikhohlise entliziyweni yakhe, athi: 'Mna andinakuhlelwa nto; ndohlala eluxolweni noxa ndisenza ukuthanda kwam,' into enjalo ingabangela ukuba kutshatyalaliswe konke nje, olungileyo nongendawo.

[20]Ewe, uNdikhoyo akayi kuba natarhu kumntu onjalo. Ndaweni yaloo nto uya kucaphuka, uvuthe umsindo wakhe, zize zithi neziqalekiso ezibhaliweyo apha kule ncwadi zimgubungele, ade ke uNdikhoyo amcime igama kwelimiweyo.

[21]UNdikhoyo uya kwenza umzekelo ngaye kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli, amhlisele izithwakumbe ngokweziqalekiso zomnqophiso obhalwe kule ncwadi yomthetho wakhe.

[22]"Oonyana benu abaya kuvela emva kwenu, ngokunjalo neentlanga eziphuma kumazwe akude, ziya kusibona isithwakumbe nenkxwaleko ayihlisele ilizwe lenu uNdikhoyo.

[23]Umhlaba uya kubharha, wambathiswe yisulfure netyuwa. Awuyi kuvelisa nto; akuyi kuntshula nokhula olu lwembala. Elo lizwe liya kuba njengeSodom neGomora, iAdama neZebhoyim, awathi

Sodoma e Gomorra, de Admá e Zeboim, que Yahweh destruiu com grande ira e furor.

24 Todas as nações questionarão: 'Por que o SENHOR praticou tamanha violência contra esta terra? Por que tanto ódio e tanto furor?'

25 Contudo, a resposta será: 'Foi porque este povo desprezou a Aliança de Yahweh, o Deus dos seus pais desde a antiguidade, Aliança estabelecida com eles quando os libertou e tirou do Egito.

26 Eles preferiram cultuar e servir outros deuses e prostraram-se diante deles, deuses que eles não conheciam e poderes que o SENHOR jamais lhes permitiu buscar e que se demonstraram nulos.

27 Foi por esse motivo que a terrível ira do SENHOR se acendeu contra esta terra, fazendo-lhe sobrevir toda a maldição descrita neste livro.

28 Yahweh arrancou-os do próprio solo, com ira, furor e grande ódio, e atirou-os numa outra terra, como hoje se pode constatar!'

29 Os conhecimentos ocultos pertencem a Yahweh nosso Deus: o saber revelado, entretanto, pertence a nós e a nossos filhos, para sempre, a fim de que vivamos na prática de todas as Palavras desta Torá, Lei!

Deuteronômio 30

A misericórdia de Deus para com os que se arrependem

1 Portanto, quando se cumprirem em ti, ó Israel, todas estas palavras, as bênçãos e maldições que coloquei diante de ti, e elas te atingirem onde quer que o SENHOR teu Deus te disperses entre as nações,

ngenxa yengqumbo nomsindo wazitshabalalisa uNdikhoyo.

24"Zonke iintlanga ziya kubuza zithi: 'Kwakutheni ukuze uNdikhoyo awenjenje lo mhlaba? Wayekhathazwe yintoni ade abe nomsindo kangaka?'

25Impendulo ke iya kuthi: 'Kungenxa yokuba betyeshele umnqophiso ophakathi kwabo noNdikhoyo uThixo wooyise-mkhulu; mnqophiso lowo bângena kuwo ekubakhupheni kwakhe eJiputa.

26Basuke banqula thixo bambi ababengabazi ngaphambili, ababengavumelekile ukuba babanqule.

27UNdikhoyo ke wavutha ngumsindo, waza elo lizwe walihlisela ezi ziqalekiso zibhalwe apha kule ncwadi.

28Ewe, wakhathazeka gqitha, wabancothula ngomsindo kwelakowabo, wabafudusela kwilizwe lasemzini apho basekhoyo unanamhla.'

29"Kambe ke zona izinto ezifihlakeleyo zezikaNdikhoyo uThixo wethu, ukanti ke zona ezityhiliweyo ziya kusoloko zizezethu nabantwana bethu. Ngoko ke masiyithobele imiqathango yalo mthetho."

Uhlaziyo-Mnqophiso 30

Intsikelelo yokubuyela kuNdikhoyo

1"Zakuba zifikile zonke ezi ntsikelelo endikuxelele ngazo, zaza zakuhlela neziqalekiso, kungenzeka ukuba uzithathele ingqalelo naphi na apho uNdikhoyo uThixo

wakho athe wakusasaza khona phakathi kweentlanga.

[2] e quando te converteres a Yahweh teu Deus, obedecendo à sua voz conforme tudo o que hoje te ordeno, tu e teus filhos, com toda a disposição do coração e vontade da alma,

[2]Kwakuba njalo ke, wena nabantwana bakho buyelani kuNdikhoyo uThixo wenu, nimthobele ngomxhelo wonke, nangomoya wenu uphela, ngokwale miyalelo ndikunika yona namhlanje.

[3] então o Eterno, o teu Deus, mudará a tua sorte para melhor e se compadecerá de ti; Yahweh, teu Deus, te fará retornar do exílio e te restaurará, terá compaixão de ti e te reunirá novamente de todas as nações entre as quais te havia espalhado.

[3]Wosuka ke yena uNdikhoyo uThixo wakho abe nemfesane ngakuwe, akubuyisele ubuncwane bakho. Uya kuniqokelela anibuyise kuloo mazwe anisasaze kuwo.

[4] Mesmo que tiveres sido expulso para as terras mais longínquas debaixo do céu, de lá o SENHOR, o teu Deus, te trará de volta para te reunir em nação.

[4]Noba ningade nibe nisarhake naya kutsho empelazwe, yena uNdikhoyo uThixo wenu uya kuniqokelela anibuyise,

[5] Ele te repatriará para a terra dos teus antepassados, e dela tomarás posse definitiva. Ele fará com que sejas mais feliz, próspero e te multiplicará em número mais ainda que os teus pais na antiguidade.

[5]khon' ukuze anibuyisele kumhlaba wooyihlo, ube ngowenu. Ngelo thuba uya kunithi jize ngengayiwayo yona inkqubela, futhi anandise ngokuthe kratya kooyihlo-mkhulu.

[6] Yahweh, teu Deus, desimpedirá a tua alma como se circuncidasse teu coração, e as entranhas da tua descendência, para que aprendas a amar o SENHOR, teu Deus, com todo amor do teu coração e toda a vontade da tua alma, e vivas plenamente!

[6]UNdikhoyo uThixo wakho uya kuyalùsa intliziyo yakho neentliziyo zabazukulwana bakho, khon' ukuze nimthande ngomxhelo wonke nomoya uphela, nidle ubomi.

[7] Yahweh, teu Deus, fará recair todas essas maldições sobre os teus adversários, sobre os que te odiaram e perseguiram.

[7]Ke zona ezi ziqalekiso uya kubetha ngazo iintshaba zakho, ezo zazikutshutshisa,

[8] Quanto a ti, voltarás à sabedoria, ao bom senso de obedecer a voz do SENHOR, pondo em prática todos os seus mandamentos que hoje te ordeno.

[8]wena ke ubuyele ekumthobeleni nasekugcineni le miyalelo ndikunika yona namhlanje.

[9] O SENHOR, teu Deus, te tornará próspero em todo trabalho da tua mão, os filhos do

[9]UNdikhoyo uThixo wakho uya kukupha intlutha kuko konke okwenzayo; ùya

teu ventre, as muitas crias dos teus rebanhos e as abundantes colheitas da tua terra. O SENHOR voltará a se alegrar em ti, ó Israel, assim como se comprazia com a felicidade de teus pais na antiguidade,

10 se obedeceres à voz de Yahweh, teu Deus, vivenciando sinceramente todos os seus mandamentos e decretos escritos neste Livro da Torá, Lei; caso te convertas dos teus maus caminhos e voltes para o SENHOR, o teu Deus, com todo o amor do teu coração e vontade da tua alma.

A lei do Senhor é bem patente

11 Porque este mandamento que te ordeno neste momento não é exagerado nem insuportável para ti, tampouco está fora do teu alcance.

12 Ele não está nas regiões celestes, para que possas questionar: 'Quem subiria por nós até o céu, para trazê-lo e ministrá-lo a nós, a fim de que o possamos compreender e colocá-lo em prática?'

13 Também não está além do mar, de modo que fiques alegando: 'Quem atravessaria o mar por nós, para trazê-lo e ministrá-lo a nós, a fim de que o possamos compreender e colocar em prática?'

14 Nada disso! Eis que a Palavra está muito próxima de ti e fácil de assimilar: está na tua boca e no teu coração, por isso poderás obedecer a ela e vivê-la em teu dia-a-dia!

15 Eis que hoje estou colocando diante de ti a vida e a felicidade perenes, ou a morte, destruição e infelicidade!

16 Portanto, hoje te ordeno que ames a Yahweh, o SENHOR teu Deus, andando em

kuphiwa inzala, ube nenyambalala yeenkomo, ngokunjalo namasimi akho achume. Kuya kuba luvuyo kuNdikhoyo ukukunika intlutha, kwanjengokuba kwakuluvuyo kuye ukwenjenjalo kooyihlo-mkhulu.

10Kambe ke kofuneka nilithobele ilizwi likaNdikhoyo uThixo wenu, nenze ngokwale miyalelo nale mimiselo ibhalwe apha kule ncwadi yomthetho wakhe. Ngenene kofuneka nibuyele kuye ngomxhelo wenu uphela.

11"Lo myalelo ndininika wona namhlanje ke, awunzima kakhulu, futhi ungekho ngaphaya kwamandla enu.

12Awukho phezulu esibhakabhakeni, ukuba ningade nikhale, nithi: 'Yaz'ba ngubani na oya kunyuka aye esibhakabhakeni asithobele wona uze kuthi, khon' ukuze sibe nokuwuva siwenze?'

13Kwangokunjalo awukho ngaphesheya kolwandle, ukuba ningade nikhale, nithi: 'Yaz'ba ngubani na oya kuwela ulwandle, awuthathe awusondeze kuthi, ukuze siwuve siwenze?'

14Hayi khona, nakanye! Kaloku lo myalelo awukude kuwe: uthetha ngawo qho, uyawuthanda, uwuthobela nokuwuthobela.

15"Uyabona ke, zikhethele namhlanje; bukho ubomi nokuhle, ngokunjalo nokufa nobubi.

16Mna ndikuyalela namhlanje ukuba umthande uNdikhoyo uThixo wakho,

seus santos caminhos e guardando todos os seus mandamentos, decretos e ordenanças; assim tereis vida plena e muito crescerás em número, e o Eterno, teu Deus, te abençoará na terra em que estás entrando a fim de tomares posse dela.

[17] Contudo, se o teu coração se desviar e não ouvires, e te deixares seduzir e te prostrares em culto diante de outros deuses, e os servires,

[18] Eu vos declaro neste momento solene: é certo que serás destruído e perecerás! Não prolongarás teus dias sobre a face da terra em que, ao atravessar o Jordão, estás entrando para dela tomar posse.

[19] Hoje invoco o céu e a terra como testemunhas contra ti, de que apresentei claramente diante de ti os caminhos da vida e da morte; a bênção e a maldição. Escolhe, pois, o caminho da vida, para que viva plenamente, tu e tua descendência,

[20] amando a Yahweh teu Deus, obedecendo à sua voz e apegando-te, ó Israel, a Ele. Porquanto disso depende a tua vida e o prolongamento dos teus dias. E assim poderás habitar sobre este solo que Yahweh jurou dar a teus pais na antiguidade: Abraão, Isaque e Jacó!

Deuteronômio 31

Moisés nomeia Josué seu sucessor

[1] Moisés proclamou estas palavras a todo o Israel:

[2] “Tenho hoje cento e vinte anos de idade e já não me sinto capaz de liderar-te. Além disso, o SENHOR me preveniu: ‘Não atravessarás o Jordão!’

uhambe ngeendlela zakhe, uyithobele uyenze imiyalelo nemimiselo nezithethe zakhe. Wakwenjenjalo uya kuphila wande, uNdikhoyo uThixo wakho akuthamsanqele kwelo lizwe ungenela ukuya kuma kulo.

[17]“Kambe ke ukuba uthe wajika, wala ukuphulaphula, wawexulwa ngabanye oothixo, wakhahlela kubo, wabanqula,

[18]ndiyakuxelela ngayo yona le mini ukuba inene uya kutshabalala. Awuyi kuba nabomi bude kwelo lizwe liphesheya kweJordan ungenela ukuya kuma kulo ngoku.

[19]Amazulu nehlabathi ayangqina namhlanje ukuba ndithi khetha phakathi kobomi nokufa, naphakathi kweentsikelelo neziqalekiso. Kambe ke ndithi kheth' ubomi, khon' ukuze uphile, wena nenzala yakho.

[20]Mthande uNdikhoyo uThixo wakho, uliphulaphule ilizwi lakhe, uthi nca kuye. Kaloku nguye okunika ubomi noya kukolulela iminyaka kwelo lizwe wabathembisa ngalo ngesifungo ooyihlo-mkhulu, uAbraham noIsake noYakobi. ”

Uhlaziyo-Mnqophiso 31

UYoshuwa uthatha indawo kaMosis

[1]Waqhubela phambili uMosis ukuthetha nawo onke amaSirayeli,

[2]wathi: “Ngoku sendinekhulu mashumi mabini eminyaka. Andisenako ukunikhokela. Kaloku uNdikhoyo wandazisa ukuba andiyi kuyiwela iJordan.

[3] Portanto, quem vai atravessar à tua frente é a própria pessoa de Yahweh, teu Deus. Ele mesmo exterminará estas nações pagãs da tua frente e conquistará a terra. Josué também atravessará à tua frente, comandando-te, conforme o SENHOR já te comunicou.

[3]NguNdikhoyo ngokwakhe oza kunikhokela niwele, azivuthulule zitshabalale iintlanga zelaa lizwe, ukuze ke nina ningene nime kulo. Ngokomlomo kaNdikhoyo nguYoshuwa oza kunikhokela niwele iJordan.

[4] E Yahweh tratará destas nações adversárias do mesmo modo como tratou Seom e Ogue, os reis dos amorreus, os quais reduziu a ruínas e arrasou a terra deles.

[4]UNdikhoyo uya kuzitshabalalisa ezo ntlanga kwanjengokuba wenzayo kookumkani bama-Amori, uSihon no-Ogi, awabatshabalalisayo kunye nomhlaba wabo.

[5] O SENHOR as entregará a vós e as tratareis conforme os mandamentos que vos ordenei.

[5]UNdikhoyo uza kuninceda nizoyise. Ngoko ke kufuneka niziphathe kanye ngale ndlela ndiniyalele yona.

[6] Sede fortes e corajosos! Não tenhais medo nem fiqueis aterrorizados diante delas, porque Yahweh, vosso Deus, é quem vai convosco! O Eterno nunca vos deixará, jamais vos abandonará!”

[6]Qinani nikhaliphe, ningaxhali, ningabi nayo nedyudyu. Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu ungakuni; soze arhoxe okanye anilahle.”

[7] Em seguida, Moisés convocou Josué e ordenou-lhe: “Sê forte e destemido, pois tu adentrarás com todo este povo na terra que Yahweh jurou a teus antepassados que vos daria, e tu os farás herdá-la de fato!

[7]UMosis wabiza uYoshuwa, wathetha naye phambi kwawo onke amaSirayeli, wathi: “Qina ukhaliphe! Kaloku nguwe oza kukhokela aba bantu, uye kubadlisa ilifa labo kwelo lizwe uNdikhoyo wabathembisa ngalo ngesifungo ooyise-mkhulu.

[8] O próprio SENHOR marchará à tua frente. Ele estará sempre contigo! Nunca te deixará, jamais te abandonará! Não tenhas medo, nem te apavores!”

[8]NguNdikhoyo ngokwakhe oza kunikhokela, ahambe nani. Soze arhoxe, engasoze anilahle; ngoko ke yomelelani ningoyiki.”

A lei deve ser lida ao povo de sete em sete anos

[9] Moisés escreveu então esta Torá, a Lei, e deu-a aos sacerdotes, os filhos de Levi, que carregavam a Arca da Aliança de Yahweh, como também a todos os líderes do povo de Israel.

Isiyalo mayela nokufundwa komthetho

[9]Lo mthetho ke uMosis wawubhala, wawunikezela kubabingeleli bakwaLevi ababejongene netyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, ngokunjalo nakumadoda amakhulu akwaSirayeli.

[10] E Moisés orientou-os: “No fim de cada sete anos, precisamente no ano do Cancelamento das Dívidas, durante a festa dos Tabernáculos,

[11] quando todo o povo de Israel vier apresentar-se diante de Yahweh, teu Deus, no lugar que Ele mesmo tiver separado, tu proclamarás esta Torá, Lei, aos ouvidos de todo o Israel.

[12] Reúne, pois, o povo: todos os homens, as mulheres, as crianças e o estrangeiro que está vivendo em tuas cidades, para que ouçam e aprendam a amar com reverência o SENHOR, teu Deus, e cuidem de colocar em prática todas as palavras desta Torá, Lei.

[13] E teus filhos que ainda não conhecem a história, nem o temor do SENHOR, ouvirão e aprenderão a amar com reverência a Yahweh, teu Deus, durante todos os dias em que viveres sobre a face da terra da qual vais tomar posse em breve, assim que atravessares o Jordão!”

Deus dá a Josué o encargo do povo

[14] Então o SENHOR falou a Moisés: “Eis que o dia da tua morte se aproxima. Convoca Josué, e apresentai-vos na Tenda do Encontro, a fim de que Eu lhe transmita minhas ordens!” Moisés e Josué dirigiram-se à Tenda do Encontro.

[15] Yahweh apareceu na Tenda, em meio a uma coluna de nuvem; e a coluna de nuvem pairou sobre a entrada da Tenda.

[16] E o SENHOR disse a Moisés: “Eis que vais descansar na companhia dos teus antepassados, e este povo se levantará para se prostituir deixando-se iludir e seguindo

[10]Wabayala wathi: “Njalo xa kuphela unyaka wesixhenxe, kusondela unyaka wokucinywa kwamatyala, lo mthetho mawufundwe kumsitho wamaphempe.

[11]Mawufundelwe amaSirayeli xa ewonke mhla eze kunqula uNdikhoyo uThixo wenu kuloo ndawo yalathwe nguye.

[12]Makuqokelelwe bonke abantu – amadoda, abafazi, nabantwana, ngokunjalo nabangeneleli abalapho phakathi kwenu – khon' ukuze bawuve, bafunde ukumhlonela uNdikhoyo uThixo wenu, bazithobele bazenze ngondileko iimfundiso zalo mthetho.

[13]Ngale ndlela ke nabantwana benu abangekawazi lo mthetho baya kuwuva. Ngoko ke baya kufunda ukumthobela bamhlonele uNdikhoyo uThixo wenu ngalo lonke ithuba nihleli kwelo lizwe niza kungena kulo phesheya kweJordan.”

Iziyalo zokugqibela zikaNdikhoyo kuMosis

[14] UNdikhoyo wabhekisa kuMosis, wathi: “Ngoku sekumbovu ukuba ufe. Ngoko ke biza uYoshuwa, uye naye esibingelelweni, khon' ukuze ndimyale.” Ngenene ke uMosis noYoshuwa baya esibingelelweni,

[15]waza ke uNdikhoyo wazibonakalisa kubo ngomqulu welifu elisuka lime apho esangweni lesibingelelo.

[16]UNdikhoyo wathi kuMosis: “Wena uza kufa ngoku. Wakuba ufile, aba bantu baza kukreqa, bandilahle, banqule oothixo abanqulwa kwelo lizwe baza kuma kulo

os deuses pagãos da terra estrangeira em que está para entrar. E, desse modo, Israel vai me desprezar, rompendo a Aliança que com ele estabeleci.

[17] Naquele dia minha ira se inflamará terrivelmente contra todo este povo e o abandonarei, ocultando-lhe a minha face. Então Israel será devorado e muitos males e adversidades o atingirão. E naquele dia Israel se questionará: 'Se tantos males e desgraças estão me atingindo, será porque meu Deus não está mais comigo?'

[18] Sim, naquele dia Eu lhes esconderei completamente o meu rosto, por causa de todo o mal que Israel houver cometido, dedicando seu louvor para outros deuses!

[19] E agora, escrevei este cântico para vós. Ensinai-o aos filhos de Israel, colocai-o em sua boca, para que ele seja um testemunho a meu favor contra os filhos de Israel.

[20] Quando Eu o tiver feito adentrar na terra onde manam leite e mel, terra que prometi sob juramento a seus pais na antiguidade, e quando tiver comido com fartura e houver prosperado, engordará e se deixará seduzir por outros deuses e os servirá, abandonando-me e rompendo a minha Aliança.

[21] Portanto, quando muitos males e desgraças o tiverem atingido, esta canção deporá contra ele próprio, como testemunho, porquanto não será esquecido nos lábios da sua descendência. Eu conheço com toda a clareza o pensamento deste povo; mesmo antes de conduzi-los para a terra que jurei dar a eles, Eu sei muito bem

ngoku, bawutyeshele umnqophiso endawenza nabo.

[17]Yakwenzeka loo nto ndiya kuvutha ngumsindo, ndibalahle, ndibafulathele, batshabalale. Baya kuhlelwa ziinzingo bahlupheke. Ngaloo mini baya kuvakala besithi: 'Kunje nje nje kungenx' enokuba uThixo wethu engasekho ngakuthi.'

[18]Inene, ngaloo mini ndiya kubafulathela ngenxa yabo bonke ububi ababenzileyo ngokubhenela kwabanye oothixo.

[19]"Ngoko ke bhala le ngoma, uyifundise amaSirayeli, ayicule, ibe lingqina lomnqophiso wam kunye nawo.

[20]Kaloku ndiza kuwangenisa kuloo mhlaba wobisi nobusi ndathembisa ngawo ooyise-mkhulu. Akuxhamla loo ntlala-kahle osuka akreqe, anqule thixo bambi, andidele, awutyeshele umnqophiso wam.

[21]Kweso sithuba ke aya kuhlelwa yintlekele nentlupheko. Ke yona le ngoma iya kuba isaculwa sisizukulwana, ibe lingqina elidandalazisa isono samaSirayeli. Andithi na kaloku, kanye ngoku ndingekawangenisi nokuwangenisa kwelo lizwe ndawathembisa ngalo, sendiyibona imikhwa yawo."

o que estão planejando em seus corações fazer lá!

22 E naquele mesmo dia Moisés escreveu esta canção e a ensinou a todo povo de Israel.

23 Então Yahweh deu esta ordem a Josué, filho de Num: "Sê forte e destemido, pois tu farás adentrar os filhos de Israel na terra que Eu lhes havia prometido; quanto à minha pessoa, Eu estarei contigo!"

24 Logo depois que Moisés terminou de escrever em um livro as palavras desta Torá, Lei, do início ao fim,

25 transmitiu esta ordem aos levitas que transportavam a Arca da Aliança de Yahweh:

26 "Tomai este Livro da Torá, da Lei, e colocai-o ao lado da Arca da Aliança de Yahweh, vosso Deus, onde deverá permanecer como testemunha contra ti!

27 Porque Eu conheço teu espírito rebelde e tua dura cerviz. Se hoje, enquanto ainda estou vivo e em tua presença, sois teimosos e rebeldes contra o SENHOR, quanto mais após a minha morte!

28 Agora, pois, reuni junto a mim todos os anciãos, líderes de vossas tribos, e os vossos escribas e oficiais, para que eu fale estas palavras aos seus ouvidos, e tome o céu e a terra como testemunhas contra eles.

29 Pois eu sei que após a minha morte ireis vos corromper completamente, desviando-vos do Caminho que vos ordenei; então a desgraça vos sobrevirá no futuro, por terdes vos entregado à prática do que é mau aos olhos do SENHOR, irando-o terrivelmente

22Kwangaloo mini ke uMosis wayibhala ingoma leyo, wayifundisa amaSirayeli.

23UNdikhoyo ke wamyalela wenjenje noYoshuwa unyana kaNune: "Qina ukhaliphe, kuba nguwe oza kukhokela amaSirayeli, uye kuwangenisa kwelo lizwe ndawathembisa ngalo ngesifungo; ibe ke mna ndiza kuba nawe."

24Ke kaloku uMosis wawabhala encwadini amazwi alo mthetho, akashiyelela nento le.

25Akuba egqibile ke wayalela ababingeleli babaLevi ababejongene netyesi yomnqophso kaNdikhoyo, wathi:

26"Thathani, nantsi ke incwadi yomthetho. Yibekeni ecaleni letyesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo wenu, khon' ukuze ibe lingqina likaNdikhoyo ngamaSirayeli.

27Kaloku ndiyanazi ukuba nizizibhoja ezinenkani. Ngexesha lokudla kwam ubomi benivukelana naye uNdikhoyo; nobeka phi na ukumvukela xa ndingasekhoyo?

28Ngoko ke khanihlanganise amadoda amakhulu ezizwe zakowenu neenduna zenu, ukuze ndiwaxelele ezi zinto. Ndiza kubiza amazulu nehlabathi, ukuze andingqinele.

29Kaloku ndiyazi ukuba xa ndingasekho niya kuba ziinjubaqa, niphambuke kule ndlela ndiniyalele yona. Kananjalo ke, kumaxesha ezayo, niya kuhlelwa ziintlekele ngenxa yokuba nixhokonxa uNdikhoyo ngobubi bezithixo ezenziwe zizandla zenu."

por meio das obras das vossas próprias mãos!”

[30] A seguir, Moisés recitou em alta voz as palavras desta canção, do começo ao fim, na presença de toda a congregação israelita:

Umbongo kaMosis

[30]Ke kaloku uMosis yena wawucengceleza wonke lo mbongo, amaSirayeli wona ephulaphule:

Deuteronômio 32

Uhlaziyo-Mnqophiso 32

Último cântico de Moisés

[1] “Inclinai vossos ouvidos, ó céus, e eu falarei; ouça, ó terra, as palavras da minha boca.

[1]Khanibek' iindlebe, mazulu, ndithethe; khawuthi cwaka, mhlab', uphulaphule.

[2] Que o meu ensinamento goteje como a chuva e as minhas palavras destilem como brando orvalho, como chuva suave sobre a relva que viceja, como garoa revigorante para as plantas verdejantes.

[2]Imfundiso yam iza kuchaphaza njengemvula, itshone njengombeth' emhlabeni, amazwi am awe njengomkhumezelo phezu kohlaza, abe njengomvimbi phezu kotyani.

[3] Eu vou proclamar o Nome de Yahweh; quanto a vós, glorificai a grandeza do nosso Deus!

[3]Kaloku ndiza kulibhengez' igama likaNdikhoyo; ke nina bubabazeni ubukhulu bukaThixo wethu.

[4] Ele é a nossa Rocha, suas obras são todas perfeitas, e seus caminhos todos, justos. Deus é fiel, e jamais comete erros. Deus é bom, sábio e justo!

[4]YiNgxondorha emsebenz' ufezekileyo; iindlela zakhe bubulungisa bodwa; uThixo othembekileyo enyanisekile, yena lilungisa elingenakumbi.

[5] Contudo, seus filhos se entregaram ao pecado; deixando de agir como filhos, tornaram-se manchas, marcas de uma geração perversa e corrupta.

[5]Kambe ke nina nigwenxa, ngoko ke ngenxa yokubhatyaza kwenu aniselulo usapho lwakhe, sizukulwanandini sigoso sinxaxhileyo!

[6] É assim que retribuis ao Eterno, povo insensato e ignorante? Em verdade Ele é teu Pai, o teu Criador, que te remiu e te estabeleceu!

[6]Ngani ukuba nimphathe kanj' uNdikhoyo, zidengendini zabantu ezingaqiqiyo? Kaloku yena nguYihlo noMdali wenu; nguye owanenzayo waza wanibonelela.

[7] Recorda os dias que se foram, traz à tua memória a história das sucessivas gerações; indaga a teu pai e ele te informará, aos teus anciãos e líderes, e eles te esclarecerão.

[7]Khanibuzise niqonde ngezamandulo; khaniphande nive ngezizukulwana ezadlulayo. Amanyange wona aya kunibalisela; amadod' amakhulu aya kunichubela.

[8] Quando o Altíssimo separou os povos e deu a cada nação as suas terras em herança, quando separava os filhos dos homens uns dos outros, fixou os limites dos povos, segundo o número dos filhos de Deus!

[9] Mas o povo preferido do SENHOR é Israel: Jacó e a descendência que lhe coube.

[10] Deus o encontrou perdido numa terra deserta e inóspita, numa região onde viviam animais ferozes. Achegou-se a Israel e dele cuidou, protegeu-o como a pupila dos seus olhos.

[11] Como a águia que desperta sua ninhada paira sobre seus filhotes, e em seguida estende as asas para apanhá-los, carregando-os sobre elas,

[12] o Eterno sozinho o levou; nenhuma divindade estrangeira o ajudou!

[13] Ele o fez cavalgar sobre os lugares altos da terra e o alimentou com o fruto dos campos. Ele o nutriu com o mel tirado dentre as rochas, e fez que as oliveiras produzissem bom azeite mesmo em terreno pedregoso,

[14] com coalhada e leite do gado e do rebanho, e com cordeiros e bodes cevados; com os melhores carneiros de Basã e com as mais excelentes sementes de trigo, bebeste o sangue das uvas, o mosto do vinho.

[15] Entretanto, Ieshurun, Israel, meu amado, fortalecendo-te desferiste coices; ficaste robusto e corpulento, te tornaste gordo, muito pesado e farto de comida. Desprezaste a Deus, que o fez e rejeitaste a Rocha, que é o teu Salvador!

[8]Xenikweni uPhezukonke wazabela ilifa izizwe; yena wabahlula-hlula oonyana babantu, waza izizwe wazimisela imida yazo ngokobungakanani boonyana bakaSirayeli.

[9]Ke yona inxaxheba kaNdikhoyo luhlanga lwakhe. Ewe, uYakobi sisabelo sakhe.

[10]Wambhaqa kwimpengempenge yentlango, kwinkangala egxwala amarhamncwa, waza wamchola, wampelesa, wamkhusel' okokhozo lweliso lakhe,

[11]njengokhozi lukhusela amantshontsho alo, lundanda luwathwale ngaloo maphiko alo, xa luwakhupha endlwini yalo.

[12]Ewe, uNdikhoyo wamkhokela yedwa kungekho thixo ungomnye umncedisayo.

[13]Wamqabelisa imimango enyukayo, wayixhamla imveliso yelizwe; watya ubusi emaweni, waza umnquma wavelisa elulwalweni.

[14]Iimazi zeenkomo nezeebhokhwe yayiziintsengwanekazi; oozinkomo, zibhokhwe, neegusha yayingamateke-teke, nditsho oku kweenkomo zaseBhashan. Ingqolowa ingachum' iliphupha; asisathethi ke ngediliya naloo wayini ingayiwayo.

[15]Kambe ke uYeshurun suka wahlutha wada wakhabalaza; ewe, wakhula wakhukhumala wada waxhathisa. Waza ke wamfulathela uThixo adalwe nguye, wayibukula eyona Ngxondorha imsindisayo.

16 Com seus deuses estranhos provocaram ciúmes em Deus, com seus ídolos abomináveis o deixaram irado.

17 Sacrifícios ofereceram aos demônios, não a Deus; a seres que não têm o poder de Deus, a deuses desconhecidos, divindades que surgiram recentemente, às quais jamais vossos antepassados prestaram adoração.

18 Abandonaste a Rocha que te gerou; e te esqueceste do Deus que te deu a vida e te fez nascer.

19 O SENHOR contemplou tudo isso e também os desprezou, por causa da abominável provocação de seus filhos e suas filhas;

20 e afirmou: 'Esconderei deles o rosto, e observarei o fim que terão; porquanto são geração perversa, filhos infiéis!

21 A zelos me provocaram por meio de deuses inexistentes, com ídolos e imagens me irritaram; Eu também farei que sofram ciúmes de quem não é meu povo, nem mesmo nação é; com uma multidão de pessoas insensatas Eu os provocarei à ira!

22 Porquanto um grande fogo foi aceso pela minha ira, labaredas que queimarão até as profundezas do Sheol, Abismo dos mortos.

23 Amontoarei desgraças sobre eles; as minhas setas esgotarei contra eles.

24 Consumidos serão pela fome, devorados pela febre e peste violenta; e contra eles ainda enviarei dentes de feras e veneno de víboras que se arrastam pelo pó da terra.

16Wamkhweletisa ngokunqula izithixo; wamxhokonxa ngemikhwa emanyumnyezi.

17Suka waxhelel' iindimoni ezingengoThixo; izithixo awayengazazi ngaphambili, izinto ezingazange zinqulwe nangamanyange.

18Akayikhathalelanga eyona Ngxondorha aphuma kuyo; suka wamlibala uThixo azelwe nguye.

19Waza ke yena uNdikhoyo wakruquka, exhokonkxwa ngoonyana neentombi zakhe nje.

20Wathi: "Ubuso bam ndiza kubufihla, ndibone ukuba loba yintoni ikamva labo; kuba basisizukulwana esigwenxa, abantwana abangathembekanga.

21Ngezi zithixo bayandikhweletisa; ngale mifanekiso bayandixhokonxa. Nam ke ndobakhweletisa ngohlanga olungebantu bam; ndobaxhokonxa ngohlanga olungenangqondo.

22Kaloku umsindo wam uvutha njengomlilo, udangazela kuye kuthi gaa kwelabafileyo; utshisa umhlaba nemveliso yawo, ude ulenye neziseko zeentaba.

23"Ndobahlisela ngemfumba yezibetho, iintolo zam ndizifohlele phezu kwabo.

24Baya kuthi shuu yindlala nephango, bacikidwe ngubhubhani nezifo-yifo, amarhamncwa abaqwenge ngezo ngxavula zawo, bathi nca bubuhlungu bezirhubuluzayo.

25 Pelas ruas a espada os deixará sem filhos; em suas casas reinará o terror. Morrerão moços e moças, crianças e homens já grisalhos.
26 Eu declarei que os espalharia pela terra e que apagaria da humanidade a lembrança deles.
27 Contudo, tive cuidado em relação à jactância dos teus inimigos que zombando e mentindo poderiam alegar ao mundo: 'A nossa mão poderosa venceu Israel diante da inércia de Deus!'
28 Porque o meu povo é gente sem juízo e sem entendimento.
29 Quem dera fossem sábios e perspicazes; então discerniriam qual será seu fim!
30 Como poderia um só homem perseguir mil, ou dois fazerem fugir dez mil, a não ser que a sua Rocha os tivesse vencido, a menos que o SENHOR os tivesse abandonado?
31 Porquanto a rocha deles não é como a nossa Rocha; e os próprios inimigos afirmam essa verdade.
32 Porque sua vinha é da lavoura de Sodoma e dos campos de Gomorra; suas parreiras dão uvas contaminadas de veneno, e seus cachos, de amargura.
33 O vinho deles arde como a peçonha mortal das serpentes; como o veneno dos répteis mais terríveis.
34 'Acaso não guardei isso em sigilo? Não o selei em meio aos meus tesouros mais secretos?
35 A mim pertence a vingança e todo tipo de pagamento! No tempo certo os pés dessa gente começarão a escorregar, o dia da sua

25Ezindleleni ikrele lishiy' izigede, nasemagumbini bankwantye barhwaqele. Abafana neentombi itshoba lilal' umbethe; iintsana neengwevu nazo zithi dwe.
26Ngendibatshabalalise kwathi tu, ababi sakhunjulwa naluluntu,
27nto nje kuthi qath' iintshaba zabo, hleze zigcolode zide zizincome, zithi namhla zibuye noloyiso, ukanti ikwandim obathe vithe-vithe."
28Kwezo ntshaba umqondo tu; kwabo bantu ingqondo ti!
29Ukuba nje bebelumkile ngebeyazi le nto, beliqonda nekamva labo.
30Iwaka lingaze loyiswe ngumntu omnye; ishumi lamawaka libalek' ababini, ukanti abaphoxwanga yiNgxondorha yabo, mhlawumbi bayekelwe nguNdikhoyo?
31Ingxondorha yezinye izizwe ayifani neyethu, nkqu neentshaba zethu ziyayiqonda loo nto.
32Kuba isidiliya sazo sesaseSodom; ngumdiliya wamasimi aseGomora. Idiliya yazo inetyhefu, izikhinkci zayo ziyakrakra.
33Eyazo iwayini bubuhlungu benyoka; ngengcwangu nqwa nobuhlungu bephimpi.
34"Kambe ke isiphelo sazo ndisasibambile; ndisasivalele koovimba bam.
35Ke yona impindezelo nokubuyekeza kokwam; ngokuhamba kwexesha zode zityibilike. Imini yazo isemnyango; izingqi zentshabalalo ziza zikhawulezile."

desgraça aproxima-se célere, e seu próprio destino se apressa sobre eles.’

36 Yahweh julgará seu povo e terá compaixão dos seus servos, quando observar que o poder deles se esboroou e os homens livres e escravos desfizeram-se em pó.

37 Então bradará o SENHOR: ‘Agora! Onde estão os seus deuses, a rocha em quem depositaram sua confiança e buscaram refúgio?

38 Os deuses que se alimentavam da gordura dos sacrifícios e bebiam o vinho das suas libações? Que se ponham de pé neste momento e vos proporcionem algum socorro! Que eles vos consigam um abrigo, alguma proteção!

39 Vede, agora, que Eu Sou o único, Eu somente, e mais nenhum deus além de mim. Faço morrer e faço viver, faço adoecer e faço sarar, e ninguém há que seja capaz de livrar-se da minha mão.

40 Levanto minha mão para os céus e proclamo: Juro pelo meu próprio Nome que,

41 quando eu afiar a minha espada refulgente e a minha mão empunhá-la para exercer juízo, Eu me vingarei de todos os meus inimigos e retribuirei àqueles que me odeiam!

42 Embeberei as minhas setas de sangue, ao mesmo tempo em que minha espada ceifar e devorar carne humana: o sangue dos mortos e dos prisioneiros; as cabeças dos líderes adversários’.

43 Exultai! Cantai de alegria, ó nações, com o povo dele, e todos os anjos o adorem, porquanto o SENHOR vingará o sangue dos seus servos, tomará vingança dos seus

36Kaloku uNdikhoyo wobavelela abantu bakhe, avelane nazo izicaka zakhe, akuba eqonda ukuba baphelelwe, kungasekho mahluko phakathi kwenkosi nesicaka.

37Wosuka ke athi: “Baphi ke abo thixo benu? Iye ngaphi kaloku ingxondorha yenu?

38Abo batye amanqatha amadini enu, baza basela neminikelo yewayini, mabeze kuninceda kaloku; mabavele kaloku, banikhusele.

39“Niyabona ke, ndim, ewe ndim ndedwa uThixo; akukho thixo wumbi ngaphandle kwam. Ndiyabulala, ndidlisa ubomi; ndiyenzakalisa, ndiyanyanga futhi; tu ohlangulayo esandleni sam.

40NdinguThixo ophilayo nje inene ndiyafunga, ndithi:

41‘Ndiza kulilol’ ikrele lam elidangazelayo; ndihlasele kutsho kuvele ubulungisa. Ke zona iintshaba zam ndozohlwaya, abandithiyileyo ndibaphindezele.

42Iintolo zam ziza kuxhaph' igazi; ikrele lam liza kudl' enyameni; nditsho igazi labaxatyelweyo nabathinjwa, nkqu negazi leentloko ezinesihlwitha zeentshaba.”

43Hoyina, zizwe, dumisani ngenxa yabantu bakaNdikhoyo! Kalok' uyalibuyekeza igazi lezicaka zakhe. Zidliwe yimpindezelo iintshaba zakhe; kambe ke

inimigos e fará expiação pela terra do seu povo!”

44 Então, Moisés veio com Josué, filho de Num, e recitou com grande voz as palavras dessa composição poética aos ouvidos do povo.

45 Quando Moisés terminou de proclamar todas essas palavras diante da congregação de Israel,

46 ainda declarou: ‘Guardai no coração todas as orientações que hoje vos transmiti solenemente, para que ordeneis a vossos filhos que obedeçam fielmente a todas as palavras desta Torá, Lei.

47 Porque esta Palavra não é para vós outros coisa vã; antes, é a vossa vida; e, por essa mesma Palavra, prolongareis os vossos dias sobre o solo do qual ides tomar posse em breve, assim que atravessardes o Jordão!”

48 Naquele mesmo dia Yahweh falou a Moisés:

49 “Sobe a esta montanha de Abarim, até o monte Nebo, em Moabe, em frente a Jericó, e contempla Canaã, a terra que concedo aos filhos de Israel como propriedade!

50 Ali, na montanha que tiveres subido, morrerás e vais reunir-te aos teus antepassados, assim como teu irmão Arão que faleceu no monte Hor e foi reunido a seu povo.

51 Assim há de ser, pois fostes, os dois, infiéis a mim no meio da congregação israelita, junto às águas de Meribá, em Cades, no deserto de Zim, e porque não

uyazicamagushela izono zabantu bakhe nelizwe lakhe.

44Ke kaloku uMosis noYoshuwa unyana kaNune bawucengceleza wonke lo mbongo, khon' ukuze amaSirayeli awuve.

Umyolelo kaMosis

45Akuba ke egqibile uMosis ukuwathetha la mazwi kumaSirayeli

46wathi kuwo: “Wathatheleni ingqalelo onke la mazwi endiwabhekise kuni namhlanje. Ze niwayalele abantwana benu, khon' ukuze bafunde ukuyithobela ngenyameko yonke imfundiso yalo mthetho.

47Kaloku le mfundiso ayikuko ukulavuza nje, koko bubomi kuni. Ngoko ke yithobeleni niyenze, khon' ukuze nibe nokuma ixesha elide kwelo lizwe niya kulo phesheya kweJordan.”

48Kwangaloo mini uNdikhoyo wathetha noMosis, wathi:

49“Yiya kwiintaba zeAbharim kwelaseMowabhi malunga neJeriko. Nyuka intaba iNebho, ulibheke elo lizwe laseKanana ndiza kuwangenisa kulo amaSirayeli.

50Wena ke uya kufela apho entabeni njengomkhuluwa wakho uAron owafela kwintaba iHori.

51Kaloku nina nobabini naningathembekanga kum phakathi kwamaSirayeli. Ewe, ngokuya naniseMeribha ngakwidolophu iKadeshe

sustentastes a minha santidade entre os filhos de Israel.

52 Por esse motivo contemplarás a terra prometida à tua frente, mas não poderás entrar nela, na terra que estou dando aos filhos de Israel!”

kwintlango iZin nasithoba isidima sam phambi kwamaSirayeli.

52Ke wena elo lizwe uya kulibuka ukude; soze uye kungena kwelo lizwe ndilinika amaSirayeli.”

Deuteronômio 33

A majestade de Deus

1 Moisés, homem de Deus, antes de morrer, transmitiu esta bênção ao povo de Israel.

2 Assim proclamou Moisés: “O Eterno veio do Sinai e lhes alvoreceu desde o Seir, resplandeceu desde o monte Parã; e chegou com uma parte das dezenas de milhares de anjos da santidade, desde o sul até as encostas de suas montanhas.

3 Na verdade, amas os povos; todos os teus santos estão sob tua proteção; eles se prostram a teus pés e aprendem as tuas palavras.

4 A Torá, Lei que Moisés nos comunicou, é uma herança para a congregação de Jacó.

5 E Yahweh foi rei em Ieshurun, Israel, sempre que se congregaram as cabeças do povo em paz, junto com as tribos de Israel.

As bênçãos das tribos

6 Viva Rúben e não morra; ainda que sejam poucos os seus homens!”

7 E afirmou a Judá esta palavra de bênção: “Ouve, ó SENHOR, a voz de Judá e traze-o de volta da guerra para o âmago do sseu

Uhlaziyo-Mnqophiso 33

UMosis uthamsanqela amaSirayeli

1Phambi kokuba afe, uMosis, umfo wakwaThixo, amaSirayeli wawathi jize ngezi zithamsanqeliso:

2“Kwintaba iSinayi gqi qhaphu uNdikhoyo; njengelanga wathi gqi kwaEdom. Wabengezela evela kwiintaba zeParan; wavela enamawaka-waka ezithunywa zakhe, kudangazela okomlilo ngasekunene kwakhe.

3Hayi ukubathanda kwakho abantu bakho! Ewe, uyabafumbatha bonke abalibango lakho. Kungoko basuka bathi guqaqa ezinyaweni zakho, bethobela umnwe wakho,

4mhla uMosis wabanika umthetho, olibango lebandla likaSirayeli.

5Wena Ndikhoyo waba ngukumkani kaYeshurun, zakuba zihlanganisene iinkokheli zabantu, zakuba ziqukene izizwe zakwaSirayeli.”

6Wasuka ke uMosis wathetha ngoRubhen, wenjenje: “URubhen makahlal' ehleli angaze atshitshe, nakuba engengakanani ngamanani.”

7NgoJuda wathi: “Kambe ke, wena Ndikhoyo, bek' iindlebe umphulaphule uJuda, ubuye ummanye namawabo. Yena

povo; com as tuas mãos peleja por ele e sê tu todo o auxílio contra os inimigos!”

wazilwela ngezo zandla zakhe, Ndikhoyo, ke ngoko msize ezintshabeni zakhe.”

[8] E esta bênção declarou a Levi: “Os teus Urim e os teus Tumim, ó Eterno, sejam para os teus servos que escolheste e favoreceste, pois tu os puseste à prova em Massá, Provação, com quem contendeste nas águas de Meribá, Rebelião.

[8]NgoLevi wathi: “Ndikhoyo, iiurim neethumim otyhila intando yakho ngazo, zezentandane yakho uLevi, yena lowo wamvavanyayo eMasa, owabambana naye emanzin' aseMeribha.

[9] Levi afirmou em relação a seu pai e sua mãe: ‘Não vos conheço, sois idólatras!’, e não reconheceu seus irmãos e não condescendeu com os filhos que preferiram a idolatria, porém soube guardar a tua Palavra e observar a tua Aliança.

[9]Ngoyise nonina wathi: ‘Andiseva ngani.’ Ngabantakwabo wathi: ‘Andinazi.’ Ngabantwana bakhe wathi: ‘Andisenanto nani.’ Ewe, yena wanonophela ilizwi lakho, wanyaniseka kumnqophiso wakho.

[10] Portanto, os levitas são merecedores de ensinar os teus juízos a Jacó e a tua Torá, Lei, a Israel. Eles te oferecem o melhor incenso e holocaustos perfeitos ao teu altar!

[10]Uya kufundisa uSirayeli imimiselo yakho, ayale abantu ngomyalelo wakho. Uya kwenza isiqhumiso phambi kwakho, anikele namadini atshiswayo eqongeni lakho.

[11] Abençoa, ó SENHOR, todos os esforços da tribo de Levi e faze que ele seja cada vez mais forte. Que todas as obras de suas mãos sejam agradáveis a ti, e fere os ombros dos que se levantam contra os levitas para os afligirem, a fim de que nunca mais se levantem, sejam quem forem!”

[11]Ndikhoyo, nceda umthi jize ngokomelela, waneliseke ngumsebenzi awenzayo. Ke bona abamvukelayo bavikive; abamthiyayo mabangaze babuye bavele.”

[12] E sobre Benjamim derramou sua bênção, declarando: “O amado de Yahweh habitará seguro com Ele; todo o dia o Eterno o protegerá, e Benjamim descansará nos seus braços paternos!”

[12]NgoBhenjamin wathi: “UNdikhoyo uyamthanda uBhenjamin; yena usoloko emalusile. Uhlala ekhuselekile imini yonke; yena umi phantsi kwephiko lakhe.”

[13] De José, afirmou: “Bendita seja toda a tua terra, com que há de mais excelente: o orvalho que vem dos céus e as águas puras das profundezas;

[13]NgoJosefu wathi: “Ke lona ithamsanqa likaNdikhoyo likwaJosefu; umhlaba wakhe mawunyakamiswe yimvula nangamanzi emithombo ampompoza phantsi komhlaba.

[14] com os bons frutos que o sol amadurece e o melhor que a lua e suas estações possam dar;

[14]Ilanga nenyanga mazimchumise, ziwulize ngeyona-yona mveliso.

[15] com as colheitas mais abundantes dos montes antigos, e com a generosidade dos outeiros eternos;

[16] com os frutos excelentes da terra e a sua plenitude, e com o favor daquele que apareceu na sarça ardente. Que todas essas bênçãos venham sobre a cabeça de José, sobre a fronte do escolhido entre seus irmãos!

[17] Ele tem a força e a galhardia do primogênito de um touro; seus sinais de glória são como os chifres poderosos de um boi selvagem, com os quais ferirá as nações pagãs até os confins da terra. Assim são as dezenas de milhares de Efraim; assim são os milhares de Manassés!"

[18] E quanto a Zebulom, assegurou: "Alegra-te, Zebulom, nas tuas viagens marítimas, e tu, Issacar, em tuas tendas.

[19] Eles convocarão povos para o monte e ali oferecerão sacrifícios legítimos; farão um banquete com a riqueza dos mares, com os tesouros ocultos das praias!"

[20] Em relação a Gade, declarou: "Bem-aventurado aquele que coopera na ampliação dos domínios de Gade! Porquanto fica à espreita como uma leoa e quando ataca despedaça um braço e também a cabeça de sua presa.

[21] Escolheu para si a melhor parte: a porção do líder lhe foi reservada. Tornou-se o chefe do povo e executou a justa vontade de Yahweh e os seus decretos sobre Israel!"

[22] A respeito de Dã, disse: "Dã é um filhote de leão, que vem saltando desde Basã!"

[15]Iintaba zamandulo mazivathe iziqhamo; iinduli zamhlamnene maziphuphume imveliso.

[16]Umhlaba wakhe mawuvelise eyona-yona; uthamsanqelwe kukulunga kukaNdikhoyo owayekho etyholweni elivuthayo. La mathamsanqa makavele kwaJosefu, yena olitshawe phakathi kwabantakwabo.

[17]UJosefu nkunzi yakwabani ukomelela, emise okwenyathi – mpondo ezo zizezamawaka akwaManase namashumi amawaka akwaEfrayim. Ngazo uhlabanisela izizwe; ewe, nezo ziseziphelweni zehlabathi."

[18]NgoZebhulon noIsakare wathi: "KwaZebhulon makube yimihlali ukucanda elwandle; kwaIsakare makube yimivuyo ukuhlala ekhaya.

[19]Izizwe bozimemela entabeni yabo, bawenzele apho amadini afanelekileyo. Bona bamfimfitha indyebo yaselwandle, ubutyebi babo babubhaqe elunxwemeni."

[20]NgoGadi wathi: "Makabongwe owandisa uGadi. UGadi ubuthuma njengengonyama ukuze aqwenge ingalo noba lukhakhayi.

[21]Yena uzikhethela ezona-zona elizweni, kuba wabelwa inxaxheba yengqwayi-ngqwayi. Umela ubulungisa nemimiselo kaNdikhoyo, zakuba zihlanganisene iinkokheli zakwaSirayeli."

[22]NgoDan wathi: "Ke yena uDan ligatyana lengonyama elithi tsi liphuma eBhashan."

23 Quanto a Naftali, determinou: “Naftali tem fartura da graça e dos benefícios do SENHOR e está repleto de suas bençãos; seus bens se estendem para o sul, em direção ao mar!”

24 Com relação a Aser, afirmou: “Bem-aventurado seja Aser entre os filhos de Jacó, agrade a seus irmão e banhe em azeite puro seus pés.

25 Sejam de ferro e bronze as trancas das tuas portas, e permaneça a tua força e paz com os teus muitos dias.

26 Não existe ninguém como o Deus de Ieshurun, Israel, que cavalga majestoso os céus para cooperar com ele, e monta garboso sobre as nuvens do seu reino!

27 O Deus Eterno é o teu refúgio e, para sustentá-lo estão os braços do SENHOR. Ele expulsará todos os adversários da tua presença, determinando: ‘Destrói-os!’

28 Somente Israel viverá para sempre seguro e em paz; a fonte de Jacó estará segura numa terra que produz trigo e vinho novo, e onde o orvalho rega o chão.

29 Como tu és bem-aventurado, ó Israel! Quem é como tu, ó povo cuja Salvação vem do SENHOR? Ele é o teu abrigo, o teu socorro e a tua espada vencedora e gloriosa. Os teus adversários se ajoelharão diante de ti e suplicarão por misericórdia, e tu tomarás das suas terras!”

Deuteronômio 34

Moisés sobe o monte Nebo, vê a terra prometida e morre

1 Então, vindo Moisés das planícies de Moabe subiu o monte Nebo, ao topo de Pisga, em frente de Jericó. Dali do alto o

23NgoNafetali wathi: “Yena uNafetali wamkelekile; uphuphuma intsikelelo kaNdikhoyo. Ilifa lakhe lisuka elwandle lihle.”

24NgoAshere wathi: “UAshere yena unoyolo kunabo bonke; makabe yintandane kubantakwabo, umhlaba wakhe uchume ngumnquma.

25Imivalo yakhe mayibe yintsimbi nobhedu; angaze aswele mandla esaphila.”

26“Yeshurun, akakho onjengoThixo wakho, ophalisa isibhakabhaka eze kukusiza, ngobungangamsha bakhe aphalise amafu.

27Kwamandulo uThixo yena waba likhaya; waba soloko ekuxhasa ngezo ngalo zakhe. Iintshaba zakho waziswantsulisa, wathi: ‘Mazitshatyalaliswe!’

28Ngoko ke uSirayeli uhleli ngenzolo, umthombo kaYakobi uthe geqe, uthe gcobho kwelengqolowa newayini, apho izulu lifefeza umbethe.

29Hay' uyolo onalo wena, Sirayeli! Nguban' ongad' afike kuwe, sizwendini sasindiswa nguNdikhoyo, okwalikhakha nekrele lakho, okuhlanganiselayo akuthi jize ngoloyiso? Neentshaba zakho zitsho zikubongoze, wena uthimbe iindawo zazo eziphakamileyo.”

Uhlaziyo-Mnqophiso 34

Ukufa kukaMosis

1Ke kaloku uMosis wesuka kuloo mathafa aseMowabhi, wenyuka intaba iNebho, waya kutsho kuloo ncopho kuthiwa yiPisga

SENHOR Deus lhe mostrou toda a terra de Canaã: de Gileade até a cidade de Dã, no Norte;

2 e toda a região de Naftali, o território de Efraim e Manassés, toda a terra de Judá até o mar do Oeste, o Mediterrâneo;

3 o Neguebe, as terras do sul, e toda a região que vai do vale de Jericó, a cidade das Palmeiras, até Zoar.

4 E falou Yahweh a Moisés: "Esta é a terra que prometi sob juramento a Abraão, a Isaque e a Jacó, quando lhes afirmei: à tua descendência darei esta terra. Portanto, eis que te faço vê-la com teus próprios olhos; contudo, não atravessarás o rio, não poderás adentrá-la!

5 Sendo assim, Moisés, o servo do SENHOR, morreu ali, em Moabe, como Yahweh ordenara.

6 Deus mesmo o sepultou em Moabe, em um vale que fica em frente à cidade de Bete-Peor, mas até estes dias ninguém sabe onde está localizada sua sepultura.

7 Moisés tinha cento e vinte anos de idade quando morreu; no entanto, nem seus olhos nem seu vigor físico haviam desvanecido.

8 Os filhos de Israel prantearam a morte de Moisés ali mesmo, nas planícies de Moabe, durante trinta dias, até passar o período tradicionalmente dedicado ao luto.

9 Contudo, Josué, filho de Num, estava cheio do Espírito de sabedoria, porque Moisés havia imposto suas mãos sobre ele; e, portanto, os filhos de Israel lhe deram

imalunga neJeriko. Wathi elapho ke uNdikhoyo wambonisa lonke elo lizwe: ummandla waseGiliyadi ukunyuka ukuya kutsho kwaDan;

2nawo wonke umhlaba wakwaNafetali; imimandla yakwaEfrayim nakwaManase, nowakwaJuda ukuya kuthi xhaxhe ngolwandle;

3ngokunjalo namazantsi akwaJuda; neso sithabazi samathafa ukusuka eZoware ukuya kuma ngeJeriko isixeko samasundu.

4UNdikhoyo wathi kuMosis: "Nanko ke umhlaba endathembisa ngawo ngesifungo uAbraham, uIsake, noYakobi, ndisithi ndakuze ndiwunike abazukulwana babo. Ndifuna uwubone nje, kuba wena ngokwakho awuzukuya kungena kuwo."

5Ngenene ke uMosis isicaka sikaNdikhoyo wafela apho kumhlaba waseMowabhi ngokomlomo kaNdikhoyo.

6UNdikhoyo wamngcwaba apho kwiintili zaseMowabhi malunga nedolophu iBhete-pehore. Kambe ke akukho bani uyazi ncam indawo elikuyo ingcwaba lakhe unanamhla.

7Ukufa kwakhe uMosis wayenekhulu elinamashumi amabini eminyaka, kodwa esomelele, engabikwa hlaba, namehlo akhe engekabi nalo norhatyazo.

8AmaSirayeli amzilela iintsuku ezimashumi mathathu apho kuloo mathafa aseMowabhi. Zaba ke zifezekile iintsuku zokuzila.

9UYoshuwa unyana kaNune wazaliswa bubulumko nokuqonda, kuba kaloku uMosis wambeka izandla emngenisa ezihlangwini zakhe. NamaSirayeli ke amthobela

ouvidos e fizeram tudo conforme o SENHOR ordenara a Moisés.

10 Em Israel, todavia, nunca mais se levantou um profeta como Moisés, com quem Yahweh houvesse dialogado face a face.

11 Também jamais surgiu alguém que realizasse milagres, sinais portentosos e maravilhas semelhantes àquelas que Moisés, em obediência às ordens do SENHOR, fez no Egito contra o Faraó, contra todos os seus servos e exércitos, e contra a terra dos egípcios.

12 Porquanto em momento algum houve uma pessoa que demonstrasse tamanho poder como Moisés, tampouco realizasse as obras temíveis que Moisés ministrou à vista de todo o povo de Israel.

uYoshuwa, enza ngokwemiyalelo eyanikwa uMosis nguNdikhoyo.

10KwaSirayeli ke akuphindanga kuvele mshumayeli unjengoMosis, owazana noNdikhoyo ubuso ngobuso.

11Akukho mshumayeli wumbi wakha wenza imiqondiso nemimangaliso enjengaleyo uMosis wayethunywa nguNdikhoyo ukuba ayenze kwelaseJiputa kukumkani wakhonanamaphakathi akhe,

12kungekho namshumayeli wakha wabonakalisa imisebenzi yamandla ngendlela erhwaqelisa njengaleyo wasebenza ngayo uMosis phakathi kwamaSirayeli jikelele.

Josué	UYoshuwa

Josué 1

Deus fala a Josué e anima-o

[1] Logo após a morte de Moisés, servo de Yahweh, falou o Eterno a Iehoshúa bin Nun, Josué, filho de Num, ministro de Moisés, e ordenou-lhe:

[2] "Moisés, meu servo, morreu; agora, levanta-te! Atravessa este Jordão, tu e todo este povo, para entrar na terra que estou prestes a entregar nas mãos dos israelitas.

[3] Todo lugar que a planta dos vossos pés pisarem Eu vos dou, como prometi a Moisés.

[4] Desde o deserto e o Líbano até o grande rio, o Eufrates, toda a terra dos hititas, até o mar Grande, o Mediterrâneo, no oeste.

[5] Ninguém te poderá resistir durante toda a tua vida; assim como estive com Moisés, estarei contigo: jamais te abandonarei, nem te desampararei!

[6] Sê forte e destemido, porque farás este povo herdar a terra que a seus pais jurei dar-lhes.

[7] Tão-somente sê de fato firme e corajoso, para teres o zelo de agir de acordo com todos os mandamentos da Torá, Lei, que te ordenou Moisés, meu servo. Não te apartes dela, nem para a direita nem para a esquerda, para que tenhas sucesso em todas as tuas realizações.

[8] Que o livro da Torá, Lei, esteja sempre nos teus lábios: medita nele dia e noite, para que

UYoshuwa 1

UYoshuwa uyálelwa ukuba athimbe iKanana

[1]Akuba ebhubhile uMosis, isicaka sikaNdikhoyo, uNdikhoyo wabhekisa kuYoshuwa unyana kaNune owayesisandla sikaMosis,

[2]wathi: "UMosis, isicaka sam, ubhubhile. Ke wena namaSirayeli ephela wuweleni umlambo iJordan, niye kwelo lizwe ndininika lona.

[3]Indawo nganye eniya kunyathela kuyo ndininika yona njengoko ndamthembisayo uMosis.

[4]Imida yenu yosuka ezantsi entlango, iye kuma ngeentaba zaseLebhanon emantla, isuke empumalanga kumlambo iEfrati, ibandakanye ummandla wamaHeti, iye kuthi gaa ngolwandle entshonalanga.

[5]Akukho namnye uya kumelana nawe yonke imihla yokudla kwakho ubomi. Ndiya kuhlala ndisecaleni kwakho njengoko bendenjenjalo nakuMosis. Andiyi kukuyekela; andiyi kukushiya.

[6]Yomelela, ukhaliphe, kuba uza kubangenisa aba bantu kweli lizwe endithembise ooyise-mkhulu ngesifungo ukuba loba lilifa labo.

[7]Yomelela ke, ukhaliphe kunene! Uze unyamekele ukuwuthobela wonke umthetho owuwiselwe nguMosis isicaka sam. Khon' ukuze ube nempumelelo naphi na apho uya khona, ungàze uphambuke kuwo nakancinane.

[8]Kufuneka incwadi yomthetho ikukhokele kuyo yonke into oyithethayo. Uze uyifunde

tenhas o cuidado de agir em conformidade com tudo que nele está escrito. Deste modo serás vitorioso em todas as tuas empreitadas e alcançarás bom êxito!

9 Ora, não te ordenei: Sê forte e corajoso? Não temas e não te apavores, porquanto Yahweh, o SENHOR teu Deus, está contigo por onde quer que andes!”

Josué prepara o povo para passar o Jordão

10 Então Josué orientou aos oficiais do povo:

11 “Passai pelo meio do acampamento e dai esta ordem ao povo: “Preparai vossas provisões! Daqui a três dias atravessareis o Jordão neste ponto, com o objetivo de entrardes e ocupardes a terra cuja posse o SENHOR vosso Deus vos concede!”

12 Entretanto, as tribos de Rúben, de Gade e à metade da tribo de Manassés, declarou Josué:

13 “Recordai-vos da palavra que vos ordenou Moisés, servo do SENHOR, dizendo: ‘Yahweh vosso Deus concede descanso e vos dá esta terra.

14 As vossas mulheres, as vossas crianças e os vossos rebanhos permanecerão na terra que Moisés vos deu aquém do Jordão; vós, no entanto, todos os homens capacitados para a guerra, passareis armados adiante dos vossos irmãos e os auxiliareis,

15 até que o SENHOR dê repouso aos vossos irmãos, como a vós, e igualmente eles tomem posse do território que Yahweh vosso Deus lhes concede. Então podereis retornar para a terra que vos pertence e

uyigocagoce ubusuku nemini, uzazi uzithobele izinto ezibhaliweyo kuyo. Xa wenjenjalo woba nenkqubela nempumelelo.

9Kaloku ndim okuyalelayo. Yomelela ke, ukhaliphe. Uze ungoyiki unkwantye; kaloku mna Ndikhoyo Thixo wakho ndiya kusoloko ndisecaleni kwakho naphi na apho unyathela khona.”

UYoshuwa uxelela abantu ukuba mabazilungiselele

10UYoshuwa uyalele iinduna zakhe, wathi:

11“Tyhutyhani umzi, nixelele amaSirayeli ukuba alungise umphako wendlela, kuba kuza kuhanjwa emva kweentsuku ezintathu, kuwelwe iJordan, kuthinjwe ilizwe enilinikwe nguNdikhoyo uThixo wenu ukuze libe lelenu.”

12UYoshuwa wathetha nesizwe sakwaRubhen nesakwaGadi nenxalenye yesizwe sakwaManase, wathi:

13“Ze nikhumbule ukuba uMosis, isicaka sikaNdikhoyo, wathi uNdikhoyo uThixo wenu uninika lo mhlaba ungasempumalanga kweJordan ukuba ube ngowenu, niphumle kuwo.

14Abafazi benu nabantwana nemfuyo banokusala ngasempuma kweJordan, kodwa amadoda omkhosi kufuneka axhobe, awele kuqala kunamanye amaSirayeli, aye kuwanceda

15ade awuthimbe umhlaba ongasentshonalanga yeJordan awunikwe nguNdikhoyo uThixo wenu ukuze ube ngowawo aphumle kuwo. Kuya kuthi ke akuba nendawo yokuphumla eyeyawo

tomareis posse dela, terra que vos deu Moisés, servo do SENHOR, aquém do Jordão, do lado do oriente!”

njengani, nani nibuyele emakhaya kumhlaba ongasempumalanga kweJordan eniwabelwe nguMosis isicaka sikaNdikhoyo.”

16 Diante disto, todos responderam em voz alta: “Tudo o que nos ordenaste, nós o faremos e, para onde quer que nos enviares, iremos.

16Bathi kuYoshuwa: “Soyenza yonke into osiyalele ukuba siyenze, siye naphi na apho uthi masiye khona.

17 Assim como em tudo obedecemos a Moisés, do mesmo modo obedeceremos a ti; basta que Yahweh teu Deus esteja contigo nos liderando, assim como esteve com Moisés.

17Sokuthobela kanye ngalaa ndlela sasithobela uMosis ngayo. Akwaba uNdikhoyo uThixo wakunceda njengoko wamncedayo uMosis.

18 Todo aquele que se rebelar contra as tuas orientações e não obedecer às tuas ordens, seja o que for que mandares, será morto. Tão somente sê forte e corajoso!

18Nabani na ophikisana nawe, angawathobeli amazwi akho, angenzi nantoni na usiyalelayo, wobulawa. Nto nje yomelela wena, ukhaliphe!”

Josué 2

Josué envia dois espias a Jericó

1 Então Josué, filho de Num, enviou secretamente de Shitim, o vale das Acácias, dois espiões e lhes orientou: “Ide, examinai todo o território, especialmente Jericó!” Eles partiram, encontraram hospedagem na casa de uma prostituta chamada Raabe, e ali foram abrigados e passaram a noite.

UYoshuwa 2

UYoshuwa uthumela iintlola eJeriko

1Emva koko ke uYoshuwa into kaNune wathumela ngasekhusini iintlola zambini zisuka apho babekhulule khona eShitim, wathi: “Hambani niye kuhlola ilizwe laseKanana, ngokukodwa idolophu iJeriko.” Esukile ke loo madoda aya kungena kumzi wehenyukazi uRahabhi.

2 Entretanto, o rei de Jericó foi prevenido: “Eis que alguns dos filhos de Israel chegaram aqui ao cair da tarde para espionar a terra!”

2Ukumkani waseJeriko waxelelwa kwathiwa: “Kukho amaSirayeli afikileyo ngobu busuku, eze kuhlola eli lizwe.”

3 Então o rei de Jericó mandou dizer a Raabe: “Faze sair os homens que vieram a ti e que entraram na tua casa, porque vieram para espionar toda a terra.”

3Ukumkani wathumela izigidimi kuRahabhi esithi: “Wakhuphe loo madoda asendlwini yakho, kuba aze kuhlola ilizwe lonke.”

4 Mas a mulher tomou os dois homens e os escondeu. E respondeu aos mensageiros do

4-6URahabhi waphendula wathi: “Ewe, ebekho amadoda ebefikile apha kwam,

rei: “De fato, esses homens vieram a mim e eu não sabia de onde eram.

5 E, havendo de fechar-se a porta da cidade, ao anoitecer, esses homens saíram e não sei para onde foram. Persegui-os imediatamente e os alcançareis!”

6 Ela, no entanto, os havia conduzido para o terraço e os tinha escondido sob as canas de linho que havia disposto em ordem no terraço.

7 E os emissários do rei saíram em perseguição deles até o lugar em que a estrada atravessa o rio Jordão.

8 Antes que os espiões fossem dormir, Raabe subiu ao terraço e rogou-lhes:

9 “Sei que Yahweh vos deu esta terra e caiu sobre nós o vosso terror, e todos os habitantes destas terras estão tomados de pânico diante de vós.

10 Porque temos ouvido como o SENHOR secou as águas do mar Vermelho diante de vós, quando saístes do Egito, e o que fizestes aos dois reis dos amorreus, do outro lado do Jordão, a Seom e a Ogue, que destruístes completamente.

11 Ao ouvirmos isso nosso coração desfaleceu e não restou mais coragem nem ânimo em ninguém, por causa da vossa presença; porquanto Yahweh, o vosso Deus, é, de fato, Deus em cima nos mais altos céus e embaixo na terra.

12 Agora, pois, jurai-me em o Nome do SENHOR que, assim como eu tive misericórdia de vós, de igual modo tratareis com compaixão a casa de meu pai dando-me um sinal seguro

phofu andiwazi ukuba abe evela phi na. Kambe ke ahambe ukutshona kwelanga, kungekavalwa namasango edolophu le. Andikhange ndibuze apho aya khona, kodwa ukuba niyawasukela ningawafumana.” (Ethetha le nto nje uRahabhi ezo ntlola wayezifihle phezu kwendlu, zingaphantsi komqhaphu owawubekwe apho.)

7Ahamba ke loo madoda ngendlela eya kumazibuko eJordan, esukela iintlola ezo. Avalwa kwangoko amasango.

8Ngaphambi kokuba zilale ezo ntlola, uRahabhi waya kuzo phezu kwendlu,

9wafika wathi: “Ndiyazi ukuba uNdikhoyo ulinike nina eli lizwe. Bonke abemi beli lizwe bayankwantya nini; boyika ngokokude baphelelwe ngamandla.

10Sayiva nento yokuba uNdikhoyo walomisa uLwandle oluBomvu ukuba niwele ukunduluka kwenu eJiputa. Saziva neendaba zokubatshabalalisa tu kwenu ooSihon no-Ogi iikumkani zama-Amori ezazimi kwelaa cala lingasempumalanga yeJordan.

11Soyika kakhulu ukuvakala kwezo ndaba, sonke apha satsho saphelelwa ngamandla. UNdikhoyo uThixo wenu nguye olawula emazulwini nalapha emhlabeni.

12Ngoku ke khanifunge ngegama lakhe ukuba nobenzela inceba abantu basekhaya njengoko nam ndinenzele inceba, nindinike nomqondiso oqinisekileyo.

[13] de que preservareis a vida de meu pai e de minha mãe, de meus irmãos e irmãs e de todos os que lhes pertencem, e de que nos livrareis da morte por Israel!"

[14] Diante deste apelo, responderam-lhe os espiões israelitas: "A nossa vida responderá pela vossa, se não denunciardes a nossa missão: e quando o SENHOR nos der a posse desta terra, usaremos de misericórdia e de lealdade para contigo!"

[15] Então ela os ajudou a descer por uma corda pela janela, pois a sua casa estava construída na muralha, visto que morava ali.

[16] E recomendou-lhes: "Ide para aquela montanha, a fim de que os vossos perseguidores não vos encontrem. Escondei-vos lá durante três dias, até que retornem aqueles que vos procuram, e depois segui o vosso caminho."

[17] E os espiões israelitas concluíram o acordo dizendo: "Estaremos livres do juramento que nos fizeste declarar

[18] se, quando de nossa chegada a esta terra, não tiveres atado este cordão de fio vermelho escarlate à janela pela qual nos fizeste descer e não reunires contigo, em tua casa, teu pai, tua mãe, teus irmãos e toda a família e servos de teu pai.

[19] Qualquer pessoa que atravessar os portais da casa para fora, o seu sangue cairá sobre sua própria cabeça, e nós não teremos qualquer culpa sobre isso; mas o sangue, a vida, daquele que estiver contigo será de nossa responsabilidade e cairá sobre nossas cabeças, se alguém puser a mão sobre essa pessoa para feri-la.

[13]Ndithembiseni ukuba nomsindisa utata, nomama, nabantakwethu, noodadethu, kunye neentsapho zabo, singàbulawa thina."

[14]Athi loo madoda: "Ubomi bethu sibuthenga ngobenu. Ukuba wena akuyithethanga mntwini le nto sihambele yona apha kweli lizwe, siyathembisa ukuba sonenzela inceba xa uNdikhoyo esinikezela lo mhlaba."

[15]Indlu kaRahabhi yayiseludongeni olubiyele idolophu. Wawakhupha ngefestile ke loo madoda, ehla ngentambo.

[16]Wathi: "Ze niye kuzimela ezintabeni, ningabonwa ngamadoda athunywe ngukumkani. Ze nihlale apho iintsuku ezintathu, de loo madoda abuye, nandule ke nina ukugoduka."

[17]Zathi iintlola kuRahabhi: "Asiyi kuba natyala lokungasigcini isifungo osifungise sona ukuba akukwenzanga oku:

[18]xa singena kweli lizwe kufuneka ubophelele lo msonto ubomvu kule festile usikhuphe ngayo. Kufuneka uze noyihlo nonyoko nabantakwenu, nabo bonke abantu bakowenu, ubahlanganisele endlwini yakho.

[19]Ukuba ngaba kubekho mntu uphumela ngaphandle kule ndlu, aze abulawe, lityala lakhe. Kanti ke xa kwenzakaliswe umntu esendlwini yakho, ityala loba lelethu.

[20] Contudo, se denunciares esta nossa missão, estaremos livres do juramento que nos fizeste declarar solenemente!”

[21] Diante do que Raabe anuiu: “Que assim seja, de acordo com as vossas palavras!” Ela os despediu e eles partiram; e ela atou o cordão vermelho escarlate à janela.

[22] Partiram, pois, os israelitas e se dirigiram à montanha e lá permaneceram três dias, até o regresso dos perseguidores, que os buscavam por todos os caminhos e não os encontraram.

[23] Então os dois homens desceram da montanha, atravessaram o Jordão e chegaram a Josué, filho de Num, a quem prestaram completo relatório sobre tudo o que havia acontecido.

[24] Disseram a Josué: “Realmente Yahweh nos coloca toda a terra em nossas mãos; e os seus habitantes estão apavorados diante do povo de Israel!”

Josué 3

A passagem do Jordão

[1] Josué e todo o povo de Israel se levantaram de madrugada, deixaram o acampamento do vale Abel-Shitim, das Acácias, nas campinas de Moabe, e se dirigiram até o rio Jordão. Antes de atravessarem o rio, eles acamparam ali.

[2] Ao fim de três dias, os líderes percorreram o acampamento,

[3] e ordenaram ao povo em alta voz: “Quando virdes a Arca da Aliança do SENHOR vosso Deus sendo carregada pelos sacerdotes levitas, vós igualmente saireis das vossas posições e a seguireis,

[20]Ukuba uyixelele nabani na into esizele yona, thina asiyi kuba natyala ngokungasigcini esi sifungo.”

[21]Wavuma uRahabhi, wawandulula. Akuba ehambile, wabophelela loo msonto ubomvu efestileni.

[22]Ezo ntlola zabaleka, zaya kuzimela ezintabeni, zahlala apho iintsuku ezintathu. Amadoda ayethunywe ngukumkani azikhangela kulo lonke ngasendleleni engazifumani, ada ancama abuyela eJeriko.

[23]Zehla ke entabeni iintlola, zawuwela umlambo, zabuyela kuYoshuwa, zamxelela konke okwehlayo kuhambo lwazo,

[24]zathi: “Inene, uNdikhoyo elaa lizwe lonke ulinikezela kuthi, yaye abantu balapho bonke baphelelwe ngamandla ngenxa yokoyika.”

UYoshuwa 3

AmaSirayeli awela iJordan

[1]Ngengomso uYoshuwa namaSirayeli ephela bavuka xa kumpondo zankomo, banduluka eShitim, baya kuma phezu kweJordan lo gama balinde ukuwela.

[2]Emva kweentsuku ezintathu iinduna zajikeleza esikhululweni,

[3]ziyalela abantu zisithi: “Xa nibona ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo wenu kunye nababingeleli abangabaLevi abayithweleyo, ze niphakame, niphume, nilandele.

[4] a fim de conhecerdes o caminho que haveis de seguir, pois nunca passastes por este caminho. Conservai, contudo, entre vós e a Arca, a distância aproximada de novecentos metros; cuides para não vos aproximar dela!”

[4]Kaloku niza kuhamba ngendlela eningazange niyihambe ngaphambili; kuya kufuneka ke nilandele ababingeleli. Kodwa kufuneka ningasondeli kwityesi yomnqophiso. Ze kubekho umgama omalunga nekhilomitha enye phakathi kwayo nani.”

[5] Josué orientou o povo: “Santificai-vos, porque amanhã o SENHOR fará maravilhas no meio de vós!”

[5]UYoshuwa ke wathi ebantwini: “Zihlambululeni, kuba ngomso uNdikhoyo uza kwenza imimangaliso phakathi kwenu.”

[6] Depois Josué solicitou aos sacerdotes: “Levantai a Arca da Aliança e passai adiante do povo!” Em seguida eles ergueram a Arca da Aliança e partiram adiante do povo.

[6]Waza wabhekisa kubabingeleli wathi: “Thwalani ityesi yomnqophiso niwele, baze abantu balandele.” Benjenjalo ke ababingeleli.

[7] Então Yahweh falou a Josué: “Hoje começarei a exaltar-te diante dos olhos de todo o povo de Israel, para que reconheçam que assim como estive com Moisés estarei contigo.

[7]Wathi uNdikhoyo kuYoshuwa: “Into endiza kuyenza namhlanje iya kukwenza utsho uhlonipheke kumaSirayeli, aqonde ukuba ndinawe nanjengoMosis.

[8] E tu ordenarás aos sacerdotes que transportam a Arca da Aliança, dizendo: ‘Quando chegardes às margens das águas do Jordão, parareis junto ao próprio Jordão.”

[8]Yithi kubabingeleli abathwele ityesi yomnqophiso ze bathi bakufika emlanjeni iJordan, bangene beme enyeleni.”

[9] Disse então Josué aos israelitas: “Aproximai-vos e ouvi as palavras de Yahweh vosso Deus!”

[9]UYoshuwa wabiza amaSirayeli wathi: “Sondelani nize kuva amazwi athethwe nguNdikhoyo uThixo wenu.

[10] E completou: “Nisto reconhecereis que o Deus vivo está no meio de vós e que certamente expulsará da vossa presença os cananeus, os hititas, os heveus, os ferezeus, os girgaseus, os amorreus e os jebuseus.

[10]Noqonda ngale nto ukuba uThixo ophilayo ukho phakathi kwenu: nguye oya kuwaswantsulisa amaKanana, amaHeti, amaHivi, amaPerezi namaGirgashi, ama-Amori kunye namaJebhusi.

[11] Eis que a Arca da Aliança do Soberano de toda a terra vai atravessar o Jordão à vossa frente!

[11]Niyabona, ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, iNkosi yehlabathi liphela, yiyo enandulelayo ukuwela iJordan.

[12] Agora, pois, tomai doze homens das tribos de Israel, um homem de cada tribo.

[12]Khethani ishumi elinambini lamadoda kwizizwe zakwaSirayeli, ibe nye kwisizwe ngasinye.

[13] E quando as plantas dos pés dos sacerdotes que transportaram a Arca de Yahweh, o Soberano de toda a terra, pousarem nas águas do Jordão, as águas do Jordão serão cortadas, a correnteza será represada, e as águas formarão uma espécie de muralha d'água!"

[13]Bakuthi cakatha emanzini ababingeleli abathwele ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, iNkosi yehlabathi liphela, umlambo iJordan uya kuma, ahlanganiselane ndawonye amanzi avela ngentla."

[14] Ora, quando o povo deixou suas tendas para atravessar o Jordão, os sacerdotes que levavam a Arca da Aliança estavam à frente do povo.

[15] Assim que os transportadores da Arca chegaram ao Jordão e que os pés dos sacerdotes que transportavam a Arca se molharam nas bordas das águas, pois o Jordão transborda pelas margens durante toda a época da colheita,

[14-15]Yayilixesha lokuvuna, umlambo uzele, uphuphuma. Ukunduluka kwamaSirayeli ukuya kuwela iJordan, ababingeleli babewakhokele, bethwele ityesi yomnqophiso. Kuthe nje ukuba bathi cakatha emlanjeni,

[16] as águas que vinham de cima, em forte correnteza, pararam e formaram uma muralha d'água a grande distância dali, perto de uma cidade chamada Adã, nas proximidades de Zuretã; e as águas que desciam para o mar da Arabá, o mar Morto, escoaram totalmente. E assim o povo atravessou o rio em frente de Jericó.

[16]ema amanzi avela ngentla, ahlanganiselana ada aya kutsho eAdam, idolophu emelene neZaretan. Amanzi ahlayo ukusinga kuLwandle oluFileyo anqamka, baza ke abantu bawelela kufuphi neJeriko.

[17] Os sacerdotes que carregavam a Arca da Aliança de Yahweh ficaram parados sobre a terra seca no meio do Jordão, enquanto todo o Israel passava pelo seco, até que toda a nação o atravessou pisando no solo da nova terra.

[17]Lo gama abantu bakwaSirayeli bawelayo behamba kumhlaba owomileyo, ababingeleli ababethwele ityesi yomnqophiso babemi zinzi kumhlaba owomileyo apho esizikithini somlambo iJordan, bada bawela baphelela abantu.

Josué 4

As doze pedras tiradas do meio do Jordão

[1] Quando todo o povo acabou de atravessar o Jordão, Yahweh voltou a falar com Josué e lhe ordenou:

UYoshuwa 4

Ukumiswa kwamatye esikhumbuzo

[1]Lakuba luwele lwaphelela uhlanga lwamaSirayeli, uNdikhoyo wathi kuYoshuwa:

[2] “Escolhei doze homens dentre o povo, um homem de cada tribo,

[3] e ordenai-lhes: ‘Tomai daqui do meio do Jordão, do lugar onde os sacerdotes se detiveram e pousaram os seus pés, doze pedras e carregai-as convosco e depositai-as no lugar onde acampareis esta noite!’”

[4] Josué convocou os doze homens que escolhera dentre os filhos de Israel, um representante de cada tribo,

[5] e lhes ordenou: “Passai adiante da Arca de Yahweh, vosso Deus, até o meio do Jordão; e cada um levante sobre o ombro uma pedra, de acordo com o número de tribos dos israelitas,

[6] para que seja um sinal no meio de vós. Quando amanhã vossos filhos vos perguntarem: ‘Que significam para vós estas pedras?’,

[7] então lhes testemunhareis: ‘É que as águas do Jordão dividiram-se diante da Arca da Aliança de Yahweh; à sua passagem cindiram-se as águas do Jordão. Estas pedras serão, para sempre,um memorial para os filhos de Israel’”.

[8] E os israelitas fizeram tudo como Josué ordenara: tomaram doze pedras do meio do Jordão, segundo o número das tribos dos filhos de Israel, como Yahweh havia orientado a Josué, e as transportaram ao acampamento e ali as depositaram.

[9] E Josué erigiu também doze pedras no meio do Jordão, exatamente no lugar onde os sacerdotes que transportavam a Arca da

[2]“Tyumba amadoda abe lishumi elinambini, ibe nye kwisizwe ngasinye.

[3]Yithi makathathe ishumi elinambini lamatye kulaa ndawo bekume zinzi kuyo ababingeleli esazulwini seJordan, awathwale loo matye, aze awabeke apho kuya kuba kukhululwe khona ngokuhlwa namhlanje.”

[4]UYoshuwa wawabiza loo madoda alishumi elinambini awatyumbileyo kwisizwe ngasinye,

[5]wathi: “Ngenani emlanjeni iJordan, nigqithe kwityesi yomnqophiso kaThixo uNdikhoyo, ize indoda nganye ixwaye ilitye eliza kumela isizwe ngasinye samaSirayeli.”

[6]Watsho esithi: “La matye ngumqondiso kumaSirayeli ngazo zonke iziganeko zikaNdikhoyo. Xa bebuza ngomso abantwana benu besithi: ‘Ngawantoni na la matye?’

[7]nobaxelela ukuba ngamhla ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo yayiwela umlambo, ema amanzi, ahlanganiselana eJordan. La matye ohlala esisikhumbuzo kumaSirayeli sesiganeko esehla kule ndawo.”

[8]AmaSirayeli enza ngokomyalelo kaYoshuwa. Awakhetha amatye alishumi elinambini emlanjeni iJordan ngokomlomo kaNdikhoyo kuYoshuwa, lalinye kwisizwe ngasinye, awasa kulaa ndawo kwakuza kukhululwa kuyo ngaloo mhla.

[9]UYoshuwa yena wabeka amanye amatye alishumi elinambini kulaa ndawo kwakumi kuyo ababingeleli ababethwele ityesi

Aliança firmaram seus pés; e elas continuam lá até os dias de hoje.

10 Os sacerdotes que carregavam a Arca permaneceram em pé no meio do Jordão, até que se cumpriu tudo o que o SENHOR havia ordenado a Josué dizer ao povo – segundo tudo quanto Moisés havia orientado a Josué – e o povo apressou-se a atravessar.

11 Quando todo o povo terminou a travessia, a Arca de Yahweh e os sacerdotes passaram à frente do povo.

12 Os homens das tribos de Rúben, de Gade e da metade da tribo de Manassés atravessaram preparados para a guerra, à frente dos israelitas; tudo de acordo com o que Moisés havia deixado orientado.

13 Cerca de quarenta mil homens preparados para as batalhas marcharam diante do SENHOR, rumo à planície de Jericó.

14 Naquele dia o SENHOR enalteceu Josué à vista de todo o povo de Israel; e eles o respeitaram durante toda a sua vida, como tinham respeitado Moisés.

15 Então Yahweh falou a Josué:

16 "Ordena aos sacerdotes que transportam a Arca do Testemunho, as tábuas da Aliança, que podem se retirar do Jordão!"

17 E prontamente Josué lhes ordenou que também saíssem de lá.

18 Assim que os sacerdotes que carregavam a Arca da Aliança do SENHOR deixaram o Jordão, no exato momento em que seus pés tocaram o solo seco da nova terra, as águas do Jordão foram liberadas e retornaram ao

yomnqophiso, phakathi emlanjeni iJordan. (Aselapho unanamhla loo matye.)

10Ababingeleli bema njalo emlanjeni iJordan kwada kwagqitywa yonke into ekwakuthiwe kuYoshuwa mayenziwe ngabantu. Zizinto ezaziyalelwe nguMosis zonke ezo. Abantu bakhawuleza ukuwela umlambo.

11Bakuba bewele bonke, ityesi yomnqophiso yawezwa ngababingeleli, abantu bejongile.

12Amadoda esizwe sakwaRubhen nesakwaGadi, kunye nenxalenye yesizwe sakwaManase, awela kuqala kunabo bonke abantu, exhobile, njengoko wayetshilo kuwo uMosis.

13Kwawela amashumi mane amawaka amadoda axhobele idabi, aya kutsho kwezo ntili zeJeriko, ekhatshwa nguNdikhoyo.

14Into eyenziwa nguNdikhoyo ngalo mhla yatsho amaSirayeli amhlonela uYoshuwa. Amhlonela bonke ubomi bakhe njengoko amhlonelayo uMosis.

15UNdikhoyo wathi kuYoshuwa:

16"Xelela ababingeleli abathwele ityesi yomnqophiso ukuba baphume emlanjeni."

17Wenjenjalo ke uYoshuwa,

18bathi bakuba bewelile, wabuya wazala, waphuphuma kwakhona umlambo.

seu curso normal, cobrindo como antes as margens de ambos os lados do rio.

19 O povo subiu do Jordão no décimo dia do primeiro mês do ano e montou seu acampamento em Guilgal, no extremo leste de Jericó.

20 E aquelas doze pedras que tiraram do Jordão, Josué as erigiu em Guilgal.

21 Orientou ele aos israelitas: “Quando, no futuro, vossos filhos indagarem a seus pais: ‘Que significam estas pedras?’,

22 explicareis a vossos filhos: ‘Israel atravessou este Jordão em terra seca,

23 pois Yahweh vosso Deus fez secar as águas do Jordão diante de vós, até que passásseis, assim como o SENHOR vosso Deus havia feito com o mar Vermelho, quando o secou diante de nós até que o atravessássemos,

24 para que saibam todos os povos da terra quão poderosa é a mão de Yahweh vosso Deus e para que temais ao SENHOR, vosso Deus, para sempre!’”

Josué 5

A circuncisão dos filhos de Israel

1 Aconteceu que todos os reis amorreus que habitavam a oeste do Jordão e todos os reis cananeus que viviam ao longo do litoral do mar Mediterrâneo foram informados de como Yahweh tinha secado o Jordão diante dos filhos de Israel até que tivessem passado, e ficaram apavorados e sem coragem para enfrentar os israelitas.

19AmaSirayeli ayiwela iJordan ngomhla weshumi kwinyanga yokuqala, afika amisa iintente eGiligali engasempumalanga yeJeriko.

20UYoshuwa wawamisa apho eGiligali laa matye alishumi linambini ayethathwe eJordan.

21Wathi kumaSirayeli: “Xa bathe abantwana benu babuza kuni, boyise, besithi: ‘Ngawantoni na la matye?’

22ze nibabalisele nithi: ‘AmaSirayeli ayiwela le Jordan ehamba emhlabeni owomileyo.’

23Kaloku uNdikhoyo uThixo wenu wawanqumamisa amanzi eJordan, khon' ukuze niwele umlambo womile, kanye ngalaa ndlela womisa ngayo amanzi oLwandle oluBomvu khon' ukuze siwele.

24Loo nto ke iya kwenza ukuba bonke abemi belizwe bawaqonde amandla kaNdikhoyo uThixo wenu, nani nimoyike ngalo lonke ixesha.”

UYoshuwa 5

1Zonke iikumkani zama-Amori ngasentshonalanga kweJordan, nazo zonke ezamaKanana ezigudle ulwandle, zeva ngesiganeko esenziwa nguNdikhoyo sokomisa iJordan ada awela onke amaSirayeli. Zankwantya, zaphelelwa ngamandla ngenxa yamaSirayeli.

Ulwaluko eGiligali

[2] Naquela ocasião Yahweh falou a Josué: “Faze facas de pedra e circunda os filhos de Israel.”

[3] Josué lapidou então facas de pedra e circuncidou os filhos de Israel no local que passou a ser conhecido como Guivat Haaralot, Colina dos Prepúcios.

[4] Esta é a razão por que Josué os circuncidou: todo o povo que saiu do Egito, os homens, todos os homens de guerra morreram no deserto, no caminho, depois da sua saída do Egito.

[5] Ora, todo o povo que saíra havia sido circuncidado; mas todo o povo que nascera no deserto, no caminho depois da sua saída do Egito, não havia sido circuncidado;

[6] porque os filhos de Israel andaram durante quarenta anos no deserto, até que pereceu toda a nação, os homens de guerra que saíram do Egito; visto que não obedeceram à voz do SENHOR, jurou-lhes Yahweh que não veriam a terra que aos seus antepassados havia prometido sob juramento dar-nos, terra onde manam leite e mel.

[7] Quanto a seus filhos, estabeleceu-os em seu lugar; a estes Josué circuncidou, visto que não haviam sido circuncidados no caminho.

[8] E quando toda a nação foi circuncidada, repousaram no seu lugar, no acampamento, até que saíram.

[9] Então Yahweh falou a Josué: “Hoje removi de sobre vós a humilhação sofrida no Egito!” Por este motivo o lugar ficou conhecido até hoje como Guilgal, monumento de pedras.

[2]Ngelo xesha uNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Sebenzisa iintshengeca zelitye lenyengane, uwaluse amaSirayeli angolukanga.”

[3]Wenjenjalo ke uYoshuwa, wawalusela endaweni ekuthiwa yiNduli yeNyama yoKwaluswa.

[4-6]Ukumka kwamaSirayeli eJiputa onke amakhwenkwe ayesele alukile. Kodwa ke kuthe ngenxa yokubhadula entlango amashumi amane eminyaka akwabikho thuba lakwalusa nkwenkwe. Kanti ke onke amadoda ayeselekwixabiso lokuya emfazweni ukufuduka kwabo eJiputa ayeselebhubhile ngenxa yokungamthobeli uNdikhoyo. Njengoko watshoyo kooyise-mkhulu uNdikhoyo akazange awavumele alibone ilizwe laseKanana eliphuphuma ubisi nobusi.

[7]Oonyana uNdikhoyo awabakhulisa endaweni yooyise ngabo aba awabalusayo ngoku uYoshuwa, kuba kaloku babengazange boluka.

[8]Akuba alusiwe ke onke, ahlala esikhululweni ada aphila loo madoda.

[9]UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “Namhlanje ndilisusile kuni ihlazo lokuba ngamakhoboka aseJiputa.” Yiyo ke loo nto loo ndawo kwathiwa ukubizwa kwayo yiGiligali, igama esabizwa ngalo.

Celebra-se a Páscoa

10 Enquanto os filhos de Israel estavam acampados em Guilgal, celebraram o sacrifício de Pêssah, Páscoa, no décimo quarto dia do mês, ao pôr-do-sol, nas planícies de Jericó.

11 No dia seguinte à Páscoa, comeram dos produtos daquela terra: pães sem fermento e grãos de trigo tostados.

12 Ao comerem o fruto da nova terra, no dia seguinte, cessou o maná de cair do céu. E os filhos de Israel nunca mais tiveram o maná, todavia deste ano em diante começaram a se alimentar dos frutos da terra de Canaã.

Um anjo aparece a Josué

13 Encontrando-se Josué já nas proximidades de Jericó; de repente, ao olhar para cima, viu um homem em pé, empunhando uma espada. Aproximou-se dele e perguntou-lhe: “És tu dos nossos ou dos nossos adversários?”

14 Então o homem lhe informou: “Não sou dos teus nem pelejo contra ti! Venho com a responsabilidade de comandante do exército do SENHOR!” Então Josué prostrou-se, com o rosto rente à terra, em sinal de reverência, e lhe indagou: “Que mensagem o meu Senhor tem para o seu servo?”

15 O chefe do exército de Yahweh respondeu a Josué: “Descalça as sandálias dos teus pés, porque o lugar em que pisas é santo!” E assim procedeu Josué.

Josué 6

Jericó é destruída. Raabe é salva

1 Os portões de Jericó estavam muito bem trancados, a fim de que os israelitas não

10Ngexesha amaSirayeli ayeseseGiligali entilini yaseJeriko, enza umsitho wePasika ngokuhlwa komhla weshumi elinesine waloo nyanga.

11Ngomhla olandelayo ayeqala ukutya ukutya kwaseKanana, agcada ingqolowa, enza nezonka ezingenagwele.

12 Imana yaphela ngengomso,akaphinda ayifumana amaSirayeli, aza ngaloo nyaka atya ukutya okuveliswe yiKanana.

UYoshuwa nomfo ophethe ikrele

13Xa wayeselapho ngaseJeriko uYoshuwa, wagagana nomfo ophethe ikrele. Waya kuye uYoshuwa, wafika wathi: “Ngaba ungakuthi, okanye ulutshaba?”

14“Nakanye, ndikho nje mna ndiyingqwayi-ngqwayi yomkhosi kaNdikhoyo,” utshilo lo mfo. Wazikhahlela phantsi uYoshuwa, wathi: “Mhlekazi, mna ke ndisisicaka sakho; ufuna ndenze ntoni?”

15Yathi loo ngqwayi-ngqwayi yomkhosi kaNdikhoyo: “Khulula iimbadada zakho ezo. Lo mhlaba umi kuwo ngumhlaba ongcwele.” Wenjenjalo ke uYoshuwa.

UYoshuwa 6

Ukudilika kweendonga zeJeriko

1Amasango eJeriko ayevalwe mba ukuze amaSirayeli angabi nako ukungena.

pudessem invadir a cidade. Ninguém podia entrar, nem sair da fortaleza.

2 Então Yahweh falou a Josué: “Vê! Entrego nas tuas mãos Jericó, seu rei e seus homens de guerra.

3 Vós, todos os combatentes, dai uma volta ao redor da cidade, cercando-a uma vez; e assim o fareis durante mais seis dias.

4 Sete sacerdotes levarão cada um seu Shofar, sua trombeta feita de chifre de carneiro, à frente da Arca. No sétimo dia, marcharão todos, sete vezes ao redor da cidade, e os sacerdotes tocarão as trombetas.

5 Então, quando as trombetas soarem um longo toque, todo o povo bradará um forte grito de guerra, e as muralhas da cidade ruirão e o povo atacará, cada um do lugar onde estiver posicionado!”

6 Josué, filho de Num, convocou os sacerdotes e lhes ordenou: “Tomai a Arca da Aliança, e sete sacerdotes tomem sete shofares, trombetas, e sigam à frente da Arca de Yahweh!

7 Em seguida ordenou ao povo: “Avançai! Marchai ao redor da cidade. Os soldados armados irão à frente da Arca de Yahweh!”

8 Assim que Josué terminou de instruir o povo, os sete sacerdotes que levavam suas trombetas perante o SENHOR partiram à frente, tocando seus instrumentos. E a Arca da Aliança do SENHOR seguia atrás deles.

9 Os guerreiros iam na frente dos sacerdotes que tocavam as trombetas, e o restante dos soldados marchavam na retaguarda da Arca.

Kwakungekho mntu uphumayo nongenayo kweso sixeko.

2 UNdikhoyo wathi kuYoshuwa: “IJeriko ndiyinikela kuwe, kunye nokumkani wayo, kwakunye namagorha ayo.

3Wena ke kunye nomkhosi wakho kufuneka niyijikeleze kanye ngemini iintsuku zibe ntandathu.

4Kufuneka ababingeleli babe sixhenxe, elowo ephethe isigodlo, bahambe ngaphambi kwetyesi yomnqophiso. Ngosuku lwesixhenxe kufuneka wena nomkhosi wakho nisijikeleze kasixhenxe isixeko, ababingeleli bona bavuthele izigodlo.

5Kuya kuthi ke xa bevuthela isandi eside ababingeleli, nihlabe umkhosi, nimemeze, zidilike iindonga zeJeriko. Wandule ke ukungena macal' onke ngaphakathi kwesixeko wonke umkhosi.”

6UYoshuwa wababiza ababingeleli, wathi kubo: “Thathani ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, baze abasixhenxe kuni bahambe ngaphambi kwayo, bephethe izigodlo.”

7Waza ke wayalela umkhosi wakhe ukuba ujikeleze isixeko, amanye amadoda axhobileyo ahambe ngaphambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

8Kwathi uYoshuwa esathetha njalo beza phambili abo babingeleli basixhenxe bephethe izigodlo ezisixhenxe, bazivuthela, baza balandelwa yityesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

9Ibutho lamadoda axhobileyo lahamba phambi kwabababingeleli ababevuthela izigodlo, elinye ibutho lalandela ityesi

Durante todo esse tempo soavam os shofares.

10 Contudo, Josué havia instruído do seguinte modo: “Não bradeis, nem façais ouvir a vossa voz, e não saia de vossa boca palavra alguma, até o dia em que eu vos der a ordem: ‘Gritai!’ Então bradareis.”

11 Assim, a Arca de Yahweh rodeou a cidade, contornando-a uma vez, e depois voltaram ao acampamento onde passaram a noite.

12 Josué levantou-se muito cedo e os sacerdotes tomaram a Arca do SENHOR.

13 Os sete sacerdotes, munidos de sete trombetas e marchando na frente da Arca, tocavam seus instrumentos durante a marcha; os homens de guerra iam adiante deles e a retaguarda seguia a Arca de Yahweh; enquanto marchavam, os shofaressoavam continuamente.

14 No segundo dia igualmente rodearam a cidade mais uma vez e retornaram ao acampamento. E durante seis dias repetiram aquela ação.

15 No sétimo dia, levantaram-se ao raiar da aurora, e marcharam da mesma maneira, sete vezes ao redor da cidade; foi apenas nesse dia que rodearam a cidade sete vezes seguidas.

16 Na sétima vez, quando os sacerdotes soaram seus shofares, Josué ordenou ao povo: “Bradai! O SENHOR vos entregou esta cidade!

yomnqophiso. Wonke loo gama izigodlo bezihlokoma.

10UYoshuwa wawayalela amadoda akhe wathi: “Ze ningahlabi mkhosi, ningakhwazi. Ewe, ze ningakhe nilinge niyivule imilomo yenu, ide ibe lolo suku niya kuyalelwa ndim.”

11Loo madoda ke ajikeleza isixeko kwakanye, ehamba netyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, aza abuyela esikhululweni, alala.

12Ngengomso uYoshuwa wavuka kwangentseni, nababingeleli baphinda bayithwala ityesi yomnqophiso njengezolo.

13Kwahamba amadoda axhobileyo ngaphambili, kwalandela ababingeleli abavuthela izigodlo abasixhenxe, kweza ababingeleli abathwele ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, kwaza ekugqibeleni yangamadoda axhobileyo.

14Ngolu suku lwesibini basijikeleza kanye isixeko, baza babuyela kwasesikhululweni. Loo nto bayenza iintsuku zantandathu.

15Ngosuku lwesixhenxe bavuka kwangomsobomvu, baza basijikeleza kasixhenxe isixeko, kwanjengalaa ndlela babenze ngayo. Ewe, ngale imini baphindelela kwada kwasixhenxe ukusijikeleza.

16Ngesihlandlo sesixhenxe, xa ababingeleli babevuthela izigodlo, uYoshuwa wathi kumadoda akhe: “Ze nihlabe umkhosi, nimemeze, kuba uNdikhoyo usinikile esi sixeko!

[17] A cidade, com tudo o que nela existe, será consagrada a Yahweh como Hérem, Anátema, para destruição. Somente a prostituta Rahav, Raabe e todos os que estão com ela em sua casa serão poupados, porquanto ela ocultou os espiões que enviamos.

[17]Isixeko, nayo yonke into ekuso, kufuneka zitshatyalaliswe mpela, zibe ngumnikelo kuNdikhoyo ngomlilo. NguRahabhi ihenyukazi yedwa kunye nabantu bakowabo amabasindiswe, kuba yena wazifihla iintlola zethu.

[18] Mas vós, guardai-vos do anátema, ficai distantes do que é consagrado à destruição, não tomeis posse de coisa alguma do que é anátema, não vos deixai mover pela cobiça, pois isso tornaria anátema o acampamento de Israel e traria desgraça e destruição sobre toda a congregação israelense.

[18]Ze ningathathi nto ekufuneka itshatyalaliswe; xa nenjenjalo nozibizela intshabalalo ngokunokwenu, nihlisele amaSirayeli ishwangusha xa ewonke.

[19] Toda prata e todo ouro, todos os objetos de bronze e de ferro serão consagrados a Yahweh; entrarão no seu tesouro!”

[19]Yonke into eyenziwe ngesiliva, negolide, nobhedu, okanye ngentsimbi, mayahlulelwe uNdikhoyo. Kufuneka ifakwe koovimba bakaNdikhoyo.”

[20] O povo gritou com toda a força e tocaram os shofares. Quando o povo ouviu o soar das trombetas, soltou um forte grito de guerra e a muralha caiu por terra. Imediatamente cada um atacou do lugar onde estava, e tomaram a cidade completamente.

[20]Bazivuthela izigodlo ababingeleli. Athi akuziva amadoda, ahlaba umkhosi ememeza, zadilika iindonga! Wasuka umkhosi waya ngqo esixekweni, wafika wasithimba.

[21] Consagraram toda a cidade a Yahweh, exterminando ao fio da espada homens, mulheres, jovens, idosos, bois, ovelhas e jumentos; todos os seres vivos que nela estavam.

[21]Asenza umnikelo kuNdikhoyo isixeko, afaka ikrele umntu wonke, abulala amadoda nabafazi, abatsha nabadala. Abulala iinkomo, iigusha, kunye needonki.

[22] Então Josué ordenou aos homens que tinham espionado a terra: “Entrai na casa da meretriz e fazei essa mulher sair de lá com tudo o que lhe pertence, de acordo com o que jurastes a ela!”

[22]UYoshuwa wathi la madoda mabini ayeziintlola makaye kwaRahabhi, eze naye nabantu bakowabo, njengoko ayethembisile.

[23] Foram os jovens, os espiões israelenses, e fizeram sair Raabe, seu pai, sua mãe, seus irmãos e tudo o que lhes pertencia. Fizeram

[23]Aya ke, abuya naye uRahabhi, kunye noyise, nonina, nabantakwabo, kunye nabo bonke abantu bakowabo. Bathatha wonke

sair também toda a sua parentela e os colocaram em lugar seguro, fora do acampamento de Israel.

loo mzi uphela, babahlalisa ngakwisikhululo samaSirayeli.

[24] Queimaram a cidade e tudo o que nela havia, exceto a prata, o ouro e os objetos de arte de bronze e de ferro, que foram entregues ao tesouro da Casa de Yahweh.

[24]Bantumeka umlilo kweso sixeko, satsha nqu, kunye nento yonke eyayilapho. Igolide, nesiliva, nezinto zobhedu, nentsimbi, bazithatha bazisa koovimba bakaNdikhoyo.

[25] Mas Raabe, a prostituta, bem como a casa de seu pai e todos os que lhe pertenciam, Josué os salvou com vida. E ela vive no meio de Israel até hoje, porquanto refugiara os mensageiros que Josué enviara para espionar Jericó.

[25]Kodwa uYoshuwa wabasindisa ooRahabhi nabantu bakowabo, yaye uRahabhi usekho kwaSirayeli unanamhla, kuba wafihla iintlola ezazithunyelwe eJeriko nguYoshuwa.

[26] Naquela ocasião, Josué proclamou este juramento solene: “Maldito seja diante de Yahweh o homem que reconstruir a cidade de Jericó! Ao custo da vida de seu filho mais velho lançara os alicerces da cidade. Ao preço de seu filho mais novo concluirá as suas portas!”

[26]UYoshuwa wafunga wathi: “Uqalekisiwe nguNdikhoyo umntu ovusa esi sixeko saseJeriko. Akubeka isiseko saso woswelekelwa lizibulo lakhe. Akuvusa amasango aso woswelekelwa nguntondo wakhe. ”

[27] E Yahweh esteve com Josué, cuja nobre fama divulgou-se por toda a região.

[27]UNdikhoyo waba noYoshuwa, lwavakala kulo lonke udumo lwakhe.

Josué 7

Os israelitas são derrotados por causa do pecado de Acã

[1] Entretanto, os israelitas foram infiéis com relação ao Hérem, Anátema, ao que fora consagrado à destruição. Acã, filho de Carmi, neto de Zabdi, bisneto de Zerá, da tribo de Judá, apossou-se de alguns objetos que estavam sob anátema; e por isso a ira de Yahweh acendeu-se contra Israel.

[2] Aconteceu que Josué enviou homens de Jericó em direção a cidade de Ai, que fica próximo de Bete-Áven, a leste de Bete-El, Betel, e ordenou-lhes: “Subi e espionai a

UYoshuwa 7

Isono sika-Akana

[1]Akazange athembeke amaSirayeli kumyalelo kaNdikhoyo wokuba angathathi nto kufuneka itshatyalalisiwe eJeriko. Umfo owawudelayo loo myalelo nguAkana, unyana kaKarmi, umzukulwana kaZabhediwakwaZera wesizwe sakwaJuda. Loo nto yawuvuthisa umsindo kaNdikhoyo ngakumaSirayeli.

[2]UYoshuwa wathumela amadoda asuka eJeriko esiya eAyi, idolophu eyayingasempumalanga yeBhetele, imelene

região!” E eles subiram para explorar o território de Ai.

[3] Assim que voltaram a Josué, reportaram-lhe: “Não é necessário que suba todo o povo, mas apenas dois ou três mil homens subam para atacar Ai. Nem se fatigue todo o povo, pois os seus habitantes não são numerosos!”

[4] Sendo assim, foram deslocados para lá, cerca de três mil homens, que se puseram em fuga diante dos habitantes de Ai.

[5] Os habitantes de Ai chegaram a matar cerca de trinta e seis israelenses e perseguiram todo aquele grupo de soldados de Israel desde a porta da cidade até Shevarim, Pedreiras, e na descida os derrotaram. Diante disto, o coração do povo derreteu, tornou-se como água, e caíram em grande desânimo.

[6] Então Josué, com as demais autoridades de Israel, rasgou suas vestes, prostrou-se com a face rente ao chão, diante da Arca de Yahweh e ali permaneceu em humilhação até o cair da tarde.

[7] Exclamou então Josué: “Ah, Eterno Deus, por que fizeste este povo atravessar o Jordão? Foi para nos entregar nas mãos dos amorreus e nos exterminar? Antes nos contentássemos em continuar do outro lado do Jordão!

[8] Perdoa-me, SENHOR, mas o que poderei dizer agora que Israel foi derrotado e humilhado por seus adversários?

[9] Os cananeus e os demais habitantes desta terra serão informados sobre este acontecimento, nos cercarão e aniquilarão o

neBhetaven, ukuba aye kuhlola elo lizwe. Aya ke, ayihlola iAyi,

[3]abuya athi kuYoshuwa: “Akukho mfuneko yakusa wonke umkhosi eAyi. Makuye nokuba ngamawaka amabini okanye amathathu amadoda. Noko abantu baseAyi bambalwa.”

[4]Hayi ke, kwaphuma amawaka amathathu ukuya kuhlasela iAyi, kodwa asuka aswantsuliswa.

[5]Amadoda aseAyi awajika emasangweni edolophu loo madoda, awaleqa ewahlisa induli ukuya kutsho ezixhotyeni, abulala amashumi amathathu anantandathu. AmaSirayeli atyhafa, ankwantya kukoyika.

[6]UYoshuwa kunye namadoda amakhulu bazikrazula izambatho zabo, bazikhahlela phantsi ngaphambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bahlala benjenjalo kwada kwahlwa. Babezigalele nangothuli entloko, bebonakalisa intlungu ababenayo.

[7]UYoshuwa wakhala wathi: “Ndikhoyo, Mhlekazi, wawusiwezela ntoni ke kambe eJordan? Wawufuna ukuza kusitshabalalisa ngala ma-Amori? Akwaba sasisuke sahlala ngapheseya kweJordan kwaba kanye!

[8]Ndikhoyo, ndiza kuthini ngoku esuke aswantsuliswa nje amaSirayeli ziintshaba zawo?

[9]Akuyiva le nto amaKanana kunye nabemi beli lizwe, baza kuza bonke, basicime igama. Ke wena, uza kuthini ngegama lakho elidume kangaka?”

nosso nome da face da terra. Que farás, então, pelo teu grande Nome?”

[10] Então, Yahweh falou a Josué: “Levanta-te! Por que permaneces assim prostrado sobre o teu próprio rosto?

[11] Ora, o povo de Israel pecou, violou a Aliança que Eu lhe ordenara. Sim! Tomou do que era anátema, e até o furtou para si, e também o escondeu e guardou entre suas bagagens.

[12] Por isso os filhos de Israel não poderão resistir aos seus inimigos, e voltarão as costas, fugindo de seus adversários porquanto se tornaram a si mesmos anátemas, merecedores de destruição! Portanto, não estarei mais convosco, se não destruirdes do meio de vós o que foi consagrado ao extermínio.

[13] Levanta-te, pois, santifica o povo e proclamarás: Santificai-vos para amanhã, pois assim diz Yahweh, o Deus de Israel: O anátema está no meio de ti, ó Israel; não poderás enfrentar teus inimigos até que não tenhais eliminado o anátema do vosso meio.

[14] Portanto, vós vos apresentareis amanhã ao raiar do dia, por tribos, e a tribo que Yahweh houver determinado se apresentará por clãs, e o grupo de famílias que o SENHOR houver designado se apresentará por famílias, e a família que o Eterno houver apontado virá à frente, um homem de cada vez.

[10]Wathi kuYoshuwa uNdikhoyo: “Yoshuwa, vuka; uqubudele ntoni kuloo ndawo?

[11]AmaSirayeli enze isono! Awaphule umnqophiso wam, awugqitha umyalelo ebendiwanike wona, athatha ezinye izinto kwebekufuneka zitshatyalaliswe mpela. Azibile, aza axoka nokuxoka, azifihla phakathi kwezinto zawo.

[12]Yiyo ke loo nto engenakumelana notshaba nje amaSirayeli. Ebaleka nje kungenxa yokuba nawo emelwe kukutshabalala! Andikubuya ndibe phakathi kwenu nide nibe nizitshabalalisile izinto ebekufuneka zitshatyalaliswe.

[13]“Phakama ke, ubahlambulule abantu. Yithi kubo mabazihlambulule ngenxa yokuya kwenzeka ngomso, kuba mna Ndikhoyo, Thixo wamaSirayeli, ndithi kubo: ‘Phakathi kwenu kukho oko bekumelwe kukunikelwa kum ngokutshatyalaliswa. Anisoze nibe nakumelana notshaba de nahlukane nezo zinto.’

[14]“Baxelele ke ukuba ngomso kusasa baza kubizwa ngokwezizwe zabo. Eso sizwe salathiweyo nguNdikhoyo kufuneka size ngaphambili ngokwezindlu zaso, ize indlu eyalathiweyo ize ngaphambili ngokomzi, kuze kumzi owalathiweyo kuphume indoda nganye.

[15] Enfim, aquele que for pego com os objetos sob anátema será queimado no fogo com tudo o que lhe pertence, porquanto violou a Aliança do SENHOR e cometeu terrível infâmia em Israel!”

[16] Na manhã seguinte Josué mandou os israelitas virem à frente segundo as suas tribos, e a de Judá foi apontada.

[17] Os clãs de Judá vieram à frente, e o clã de Zerá foi separado. Fez achegar-se o clã dos zeraítas, família por família, e o escolhido foi Zabdi.

[18] Então Josué fez a família de Zabdi vir à frente, homem por homem, e Acã, filho de Carmi, neto de Zabdi e bisneto de Zerá, da tribo de Judá, foi revelado.

[19] Josué disse a Acã: “Meu filho, para a glória de Yahweh, o Deus de Israel, diga a verdade. Declara-me o que fizeste e nada me ocultes!”

[20] Acã respondeu a Josué: “Em verdade, fui eu que pequei contra o SENHOR, Deus de Israel, e eis o que fiz:

[21] Vi entre os despojos um belo manto tecido em Sinear, Babilônia, dois quilos e quatrocentos gramas de prata e uma barra de ouro de seiscentos gramas, eu me deixei seduzir pela cobiça e me apossei deles. Estão escondidos no chão da minha tenda, com a prata por baixo!”

[22] Josué mandou alguns homens depressa à tenda de Acã e lá encontraram escondidos tudo o que fora relatado, com a prata por baixo.

[15]Loo ndoda ke yalathiweyo kwaza kwafunyanwa kuyo ezo zinto kufuneka zitshatyalalisiwe, yotshiswa kunye nako konke okukokwayo. Kaloku iwaphule umnqophiso kaNdikhoyo, yenza ubuyatha kwaSirayeli.”

[16]Kwangentsasa ngengomso uYoshuwa wawabiza amaSirayeli, izizwe ngezizwe. Isizwe sakwaJuda salathwa nguNdikhoyo.

[17]Seza ngaphambili isizwe sakwaJuda ngokwezindlu zaso, kwaza kwalathwa indlu kaZera. Kuloo ndlu kaZera kwathiwa imizi yayo mayize ngaphambili,

[18]kwaza kwalathwa umzi kaZabhedi. Eza ngaphambili amadoda aloo mzi, kwaza kwalathwa uAkana unyana kaKarmi umzukulwana kaZabhedi wakwaZera wesizwe sakwaJuda.

[19]Wathi kuye uYoshuwa: “Mfo wam, mzukise uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, uzityande igila kuye, uyivume into oyenzileyo, ungandifihleli.”

[20]Wathi uAkana: “Kuyinene ukuba ndimonile uNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Yiyo ke le into endayenzayo:

[21]phakathi kwamaxhoba ndabona umnweba omhle owenziwe eBhabheli, nesiliva ebunzima buziikhilogram ezimbini, kunye necwecwe legolide elibunzima bungaphezu kwesiqingatha sekhilogram. Ndazinqwenela, ndazithatha ke. Naziya zombelwe phaya endlwini yam, isiliva yona ingaphantsi.”

[22]UYoshuwa wathi makuye amadoda apho. Akhawuleza ke, aza azifumana zombelwe apho ngenene ezo zinto, isiliva ingaphantsi yona.

[6-7]wonke ummandla wamaSidon ahlala kweleentaba phakathi kweentaba zaseLebhanon neMisefoti-mayim. “Bonke abemi balapho ndobakhupha apho ukufika kwamaSirayeli. Loo mhlaba uzuwabele amaSirayeli kanye ngalaa ndlela bendikuxelele yona, ube lilifa lezizwe ezilithoba kunye nesiqingatha sakwaManase. ”

Ukwabiwa komhlaba ongasempumalanga kweJordan

[8]Isizwe sakwaRubhen nesakwaGadi kwakunye nesinye isiqingatha sakwaManase zona zaziseziwabelwe umhlaba wazo nguMosis isicaka sikaNdikhoyo. Loo mhlaba wawungasempumalanga kweJordan.

[9] Essas terras iam desde Aroer, na margem do ribeiro de Arnom, e da cidade situada no meio do vale desse ribeiro, incluindo todo o planalto de Medeba, até Dibom,

[9]Wawuye kuthi xhaxhe eArure ummandla wabo, phezu kwentili iAnoni, nakwisixeko esasikuloo ntili, uthathe onke loo mathafa aseMedebha ukusa eDibhon.

[10] e todas as cidades de Seom, rei dos amorreus, que havia reinado em Hesbom, e prosseguia até a fronteira dos amonitas.

[10]Wenjenjeya ukusa kwimida yaseAmon, waquka zonke ezo zixeko zaziphantsi kwekumkani yama-Amori uSihon owayephethe eHeshbhon.

[11] O seu território incluía ainda Gileade, bem como a região onde os gesuritas e os maacatitas habitavam e também todo o monte Hermom, e se estendia por toda a região de Basã, até Salcá,

[11]Lo mmandla wawuquka iGiliyadi, utyhutyhe imimandla yaseGeshure naseMahaka, uthathe yonke intaba iHermon nayo yonke iBhashan ukuya kutsho eSaleka.

[12] quer dizer, todo o reino de Ogue, em Basã, que tinha reinado em Asterote e Edrei, um dos últimos refains sobreviventes. Moisés os tinha vencido e tomado as suas terras.

[12]Ukwalapho nomhlaba kaOgi owaba yikumkani yokugqibela kumaRafa, owayephethe iAshtaroti ne-Edreyi. Ezi ntlanga zonke zoyiswa nguMosis, wawuthimba umhlaba wazo.

[13] Entretanto, os filhos de Israel não expulsaram os gesuritas nem os maacatitas, de maneira que até hoje os filhos de Gesur e Maacate seguem vivendo entre os israelitas.

[13]Kambe ke amaSirayeli wona akazange abagxotha abantu baseGeshure naseMahaka; basahlala kunye namaSirayeli unangoku.

[14] A tribo de Levi foi a única a que não se deu herança alguma, visto que as ofertas preparadas no fogo e consagradas a Yahweh, o Deus de Israel, são a herança deles, como já lhes orientara.

[14]UMosis akazange ababele mhlaba abaLevi. Bona esabo isabelo, ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis, yinxaxheba bayifumana kumadini atshiswayo enzelwa uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli.

Umhlaba owabelwa uRubhen

[15] Moisés concedeu à tribo dos filhos de Rúben uma parte segundo as suas famílias, clã por clã.

[15]Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isizwe sakwaRubhen ngokwemizi yaso ube lilifa laso:

[16] Portanto tiveram por território desde Aroer, que se situa às margens do ribeiro de Arnom, e desde a cidade que fica no meio do vale desse ribeiro, e todo o planalto depois de Medeba,

[16]ummandla waso wawuye kuthi xhaxhe ngeArure phezu kwentili iAnoni, udibanise nesixeko esisembindini waloo ntili, kunye naloo mathafa ajikeleze iMedebha,

[17] até Hesbom e todas as suas cidades no planalto, inclusive Dibom, Bamote-Baal, Bete-Baal-Meom,
[18] Jaza, Quede-mote, Mefaate,
[19] Quiriataim, Sibma, Zerete-Saar, na Arabá, na encosta do vale,
[20] Bete-Peor, a subida do monte de Pisga, e Bete-Jesimote:

[21] todas as cidades do planalto e todo o domínio de Seom, rei dos amorreus, que governava em Hesbom. Moisés havia aniquilado o reino de Seom e os príncipes de Midiã: Evi, Requém, Zur, Hur e Reba. Todos vassalos de Seom, que habitavam naquelas terras.

[22] Entre os que foram mortos na guerra, o povo de Israel matou à espada Balaão, filho de Beor, místico adivinho.
[23] Assim, os limites das terras dos filhos de Rúben eram demarcados pela própria margem do Jordão e seu território. Essas cidades e suas aldeias foram a herança concedida aos filhos de Rúben segundo suas famílias, clã por clã.

[24] À tribo de Gade, também clã por clã, Moisés outorgou as seguintes terras:

[25] O território de Jazar, todas as cidades de Gileade e metade da região onde habitavam os amonitas até Aroer, próximo de Rabá.

[26] Estendia-se desde Hesbom até Ramate-Mispá e Betonim, e desde Maanaim até as terras de Debir.

[17]uthathe iHeshbhon kunye nezo zixeko zikuloo mathafa: iDibhon, iBhamoti-bhali, iBhete-bhali-mehon,
[18]iYaza, iKedemoti, iMefati,
[19]iKiriyatayim, iSibhema, kunye neZereti-shahare eyayisendulini kuloo ntili,
[20]iBhete-pehore, amathambeka aloo ntaba iPisga, kunye neBhete-yeshimoti.
[21]Wawucanda kwezo dolophu zikuloo mathafa, uwuthathe wonke umhlaba wekumkani yama-Amori uSihon, owayephethe eHeshbhon. UMosis wayoyisa le kumkani ndawonye nezilawuli zaseMidiyan: uEvi, uRekem, uZure, noYuri, kunye noRebha. La madoda ayezizibonda ezaziphantsi kokumkani uSihon.
[22]Phakathi kwabantu ababulawa ngamaSirayeli kwafa noBhalam unyana kaBhehore owayengusiyazi.

[23]Umlambo iJordan yayingumda wangasentshonalanga wesizwe sakwaRubhen. Zizo ke ezo izixeko needolophu ezabelwa imizi yesizwe sakwaRubhen zaba lilifa lazo.

Ummandla owabelwa uGadi

[24]Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isizwe sakwaGadi ngokwemizi yaso ube lilifa laso:
[25]ummandla waso uthathela eJazere udibanise zonke izixeko zaseGiliyadi, udibanise nesiqingatha sommandla wama-Amon, kuye kuthi xhaxhe ngeArure ekhangelene neRabha.
[26]Wawusuka eHeshbhon use eRamati-mizepe naseBhetonim, usuke eMahanayim use kwimida yeDebhiri.

[27] No vale do Jordão incluía Bete-Arã, Bete-Ninra, Sucote e Zafom; o restante do território de Hesbom. Abrangia a margem leste do Jordão até o mar de Quinerete.

[27]Kwintili yeJordan wawuthatha iBhete-haram, iBhete-nimra, iSukoti, kunye neZafon, nawo wonke ummandla kakumkani uSihon waseHeshbhon. Umda wabo ngasentshona yayingumlambo iJordan kuse emantla kuLwandle lwaseGalili.

[28] Essa foi, portanto, a herança dos filhos de Gade, segundo suas famílias, com suas cidades e povoados.

[28]Ezi zixeko needolophu zaba lilifa lezindlu zesizwe sakwaGadi.

Ummandla owabelwa uManase

[29] Moisés entregou à meia tribo de Manassés uma parte segundo suas famílias, clã por clã.

[29]Nguwo lo umhlaba uMosis owawabela isiqingatha sesizwe sakwaManase ngokwemizi yaso ube lilifa laso:

[30] Esses descendentes de Manassés receberam um território que se estendia desde Maanaim e incluía todas as terras de Basã, todo o domínio de Ogue, rei de Basã: todos as aldeias de Jair em Basã, sessenta cidades;

[30]ummandla waso waya kuthi xhaxhe ngeMahanayim, wadibanisa neBhashan – wonke ummandla kakumkani uOgi waseBhashan, kunye nazo zonke ezo lali zimashumi mathandathu zaseJayire eBhashan.

[31] metade de Gileade, e Asterote e Edrei, cidades do reino de Ogue, em Basã. Esse foi o território outorgado à metade dos filhos de Maquir, filho de Manassés, clã por clã.

[31]Uthatha isiqingatha seGiliyadi, udibanise iAshtaroti ne-Edreyi, iidolophu ezazingamaziko olawulo zelizwe likakumkani uOgi waseBhashan. Wonke lo mmandla wabelwa isiqingatha semizi eyinzala kaMakire unyana kaManase.

[32] Essas, pois, são as heranças que Moisés repartiu nas planícies de Moabe, do outro lado do Jordão, diante de Jericó ao oriente.

[32]Wenjenjalo ke uMosis ukwaba umhlaba ongasempumalanga kweJeriko neJordan kuloo mathafa akwaMowabi.

[33] Mas à tribo de Levi, contudo, Moisés não outorgou herança material, porquanto, Yahweh, o Deus de Israel, é a sua plena herança, como lhe havia prometido!

[33]Kodwa ke uMosis akazange ababele mhlaba bona abaLevi. Elabo ilifa nguNdikhoyo uThixo wamaSirayeli ngokwesithembiso sakhe.

Josué 14

Josué dá a Calebe, em herança, Hebrom

UYoshuwa 14

Ukwabiwa komhlaba ongasentshonalanga kweJordan

[1] Estas são as terras que os filhos de Israel receberam por herança na região de Canaã, e que o sacerdote Eleazar, Josué, filho de Num, e os cabeças dos pais das tribos dos israelitas repartiram entre eles.

[2] A divisão da herança foi estabelecida por sorteio entre as nove tribos e meia, como Yahweh havia orientado por meio de Moisés,

[3] porquanto Moisés já tinha concedido herança às duas tribos e meia a leste do Jordão. Contudo, aos levitas não havia distribuído herança entre eles.

[4] Os filhos de José, porém, formavam duas tribos, Manassés e Efraim, e não se deu na terra parte alguma aos levitas, senão cidades para nelas habitarem, com as pastagens para seu gado e a sua manutenção.

[5] Os filhos de Israel, fizeram de acordo com o que Yahweh havia ordenado a Moisés, e dividiram a terra.

[6] Os filhos de Judá vieram reunir-se com Josué em Guilgal, e Calebe, filho do quenezeu Jefoné, lhe declarou: “Bem sabes o que Yahweh afirmou a Moisés, homem de Deus, a meu e a teu respeito, em Cades-Barneia.

[7] Eu tinha quarenta anos quando Moisés, servo do SENHOR, me enviou de Cades-Barneia para espionar esta terra, e eu lhe prestei um relatório sincero.

[8] Entretanto, os irmãos que haviam subido comigo amedrontaram e desencorajaram o povo, ao passo que eu obedeci ao SENHOR, o meu Deus e lhe fui inteiramente fiel.

[1]Le yinkcukacha yokwabelwa kwamaSirayeli umhlaba waseKanana ongasentshonalanga kweJordan. Lo mhlaba wabelwa abantu nguElazare umbingeleli, noYoshuwa unyana kaNune, bekunye neentloko zezindlu zezizwe zamaSirayeli.

[2]Umhlaba olilifa lezizwe ezilithoba elinesiqingatha wasikwa ngokwenza amaqashiso ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

[3-4]Umhlaba ongasempumalanga kweJordan uMosis wayeselewabele izizwe ezibini ezinesiqingatha. (Inzala kaJosefu yayiizizwe ezibini: esakwaManase nesakwaEfrayim.) Kambe ke abaLevi bona uMosis akazange ababele mhlaba. Ndaweni yaloo nto babelwa izixeko bahlala kuzo, kunye namadlelo empahla.

[5]AmaSirayeli awaba loo mhlaba kanye ngokomyalelo kaNdikhoyo kuMosis.

IHebron yabelwa uKalebhi

[6]Abantu besizwe sakwaJuda bafika kuYoshuwa eGiligali, uKalebhi unyana kaJefune umKenezi wathi kuYoshuwa: “Uyayazi into eyathethwa kuMosis umfo wakwaThixo nguNdikhoyo mayela nawe kunye nam eKadeshe-bhaneya.

[7]Ndandimashumi mane ubudala ngamhla uMosis wandithumayo ndesuka eKadeshe-bhaneya ndaza kuhlola lo mhlaba. Ndamphathela ingxelo ngokungafihlisi,

[8]kuba ndamthobela ngomxhelo wam wonke uNdikhoyo uThixo. Kambe ke amadoda awayekunye nam abatsho bankwantya abantu.

[9] Por esse motivo, naquele mesmo dia, Moisés me jurou: 'Certamente, a terra em que pisou o teu pé te pertencerá por herança a ti e aos teus descendentes para sempre, porque obedecestes perfeitamente a Yahweh meu Deus!'

[10] Desde então, o SENHOR me guardou com vida de acordo com a sua promessa. Faz quarenta e cinco anos que Yahweh fez essa declaração a Moisés, quando Israel andava pelo deserto, e eis que agora estou com oitenta e cinco anos.

[11] Todavia, ainda me sinto tão forte como no dia em que Moisés me enviou naquela missão; tenho neste momento vigor para ir à guerra como tinha naquela época.

[12] Agora, pois, dê-me a região montanhosa que naquele tempo o SENHOR me prometeu. Ouviste, naquele dia, que lá viviam os enaquins em suas grandes cidades fortificadas; porém se Yahweh estiver comigo, eu os expulsarei de lá, como disse o SENHOR!"

[13] Então Josué abençoou Calev ben Iefuné, Calebe filho de Jefoné, e lhe deu Hebrom por herança.

[14] Por isso, até nossos dias, Hebrom pertence aos descendentes de Calebe, filho do quenezeu Jefoné, pois ele foi obediente e perseverou em seguir o Eterno, o Deus de Israel.

[15] Antes disso, a cidade de Hebrom era chamada de Kiriat-Arbá, em homenagem a Arbá, o maior dos gigantes enaquins.

[9]Ke ngoko uMosis wafunga wathi kum: 'Inene, laa mhlaba unyathele kuwo woba lilifa lakho ndawonye nenzala yakho ngonaphakade, kuba umthobele ngomxhelo wonke uNdikhoyo uThixo wam.'

[10]Ke uNdikhoyo usandigcinile njengoko wathembisayo. Kambe sekudlule amashumi amane anantlanu eminyaka oko uNdikhoyo wathetha loo nto kuMosis ngokuya amaSirayeli ayebhadula entlango. Ndim lo ke, ndimashumi asibhozo anantlanu eminyaka ndisidla amazimba,

[11]kodwa ndisengumqabaqaba njengoko ndandinjalo ukundithuma kwakhe uMosis. Ndisomelele; ndingaya emfazweni, ndingenza nantoni na.

[12]Ngoku ke ndabele eliya leentaba ndalithenjiswa nguNdikhoyo mhla ndenza ingxelo. Nawe ngokwakho weva ngaloo mini ukuba olwaa hlanga lweengxilimbela kuthiwa ngama-Anaki ayehlala apho ezixekweni ezikhulu ezingqingwe ngeendonga. Ukuba uNdikhoyo ungakum ndozichitha kanye njengoko yena watshoyo."

[13]UYoshuwa wamsikelela uKalebhi unyana kaJefune, wamabela iHebron yaba lilifa lakhe.

[14]Unanamhla oku iHebron iseyeyenzala kaKalebhi unyana kaJefune umKenazi, kuba yena wamthobela ngomxhelo wonke uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

[15]Ngaphambili iHebron kwakusithiwa sisixeko sika-Arbha. (UArbha ngoyena

mAnaki mkhulu.) Kwabakho uxolo elizweni.

Josué 15

As heranças das nove e meia tribos. A herança de Judá

[1] A sorte da tribo dos filhos de Judá, segundo suas famílias, clã por clã, caiu em direção às terras ao sul até a fronteira com Edom, até o deserto de Zim, no extremo sul.

[2] Seus limites ao sul começavam na ponta de terra do extremo sul do mar Salgado, ou Morto,

[3] passava pelo sul de Maaleh Acrabbim, Subida dos Escorpiões, prosseguia até Zim e daí até o sul de Cades-Barneia. Depois passava por Hezrom, indo até Adar e fazia um contorno de volta em direção a Carca.

[4] Dali seguia até Azmom e desembocava no ribeiro do Egito, para terminar no mar. Estas, portanto, serão as vossas fronteiras ao sul.

[5] Ao oriente, a fronteira era o mar Salgado até a foz do Jordão. Os limites do lado norte partiam da baía, à foz do Jordão.

[6] A fronteira subia a Bete-Hogla, passava ao norte de Bete-Arabá, até a Pedra de Bohan ben Ruben, Boã filho de Rúben.

[7] A demarcação subia então do vale de Achor, Desgraça, até Debir, e retornava para o norte na direção de Guilgal, que se situa defronte da subida de Adumim, ao sul do riacho. Passava pelas águas de En-Shémesh, e as suas saídas alcançavam En-Roguêl.

UYoshuwa 15

Ummandla owabelwa uJuda

[1]Nguwo lo umhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaJuda ngamaqashiso: Lo mhlaba waya kutsho kumda wase-Edom ezantsi kwentlango.

[2]Lo mda wangasezantsi wawucanda kwincam engezantsi yoLwandle oluFileyo,

[3]uhle ubheke ezantsi ukusuka kwiNkalo yooNomadudwana, ugqithele eZin. Wawutyhutyha amazantsi eKadeshe-bhaneya, udlule eHezeron, unyuke usinge eAdare, ujike ujonge ngaseKareka,

[4]wenjenjeya usinga eAzemon, ugudle intlambo ekuthiwa yeyeJiputa, ujonge elwandle, apho ufika ume khona. Ngumda ongasezantsi wakwaJuda ke lowo.

[5]Umda wangasempumalanga wawuluLwandle oluFileyo, wenjenjeya uye kutsho apho umlambo iJordan ungena khona elwandle. Wawuqala apho umda wangasentla,

[6]unyuke ubheke ngaseBhete-hogela, ubheke entla eBhete-arabha. Wawusuka apho unyukele kwiLitye likaBhohan (uBhohan ngunyana kaRubhen),

[7]usuke ngakwintili yeAkore, unyukele eDebhiri, uze ujike ujonge emantla ngaseGiligali. IGiligali le yayijonge inkalo yeAdumim esemazantsi omfula lowo. Wawugqithela kwimithombo yase-En-shemeshe, wenjenjeya ukuya e-En-rogele,

[8] Daqui ela subia o vale de Ben-Hinom que vem do sul, na encosta da cidade dos jebuseus, a colina onde se encontrava Jerusalém. Dali subia até o alto da montanha, a oeste do vale de Hinom, no lado norte do vale dos Refaim, Gigantes.

[8]uze unyuke utyhutyhe intili yoonyana bakaHinom esethambekeni lenduli ekwakumi kuyo isixeko samaJebhusi (yiJerusalem ke leyo), usuke apho unyuse intaba, utsho encotsheni ngakwicala langasentshona lentili iHinom ngasentla kumaphethelo entili yamaRafa.

[9] Do cume da montanha, a fronteira se dobrava em direção à fonte das águas de Neftoa, e prosseguia às cidades do monte Efrom, para voltar-se em direção a Baalá, que é Quiriate-Jearim.

[9]Usuka apho usinge emthonjeni waseNefetowa, ugqithele kwizixeko ezingakwintaba iEfron. Uyajika apho, ubheke ngaseBhala (oko kukuthi iKiriyati-yarim),

[10] De Baalá, a fronteira dava uma volta em direção ao oeste, até o monte Seir, prosseguindo pela encosta norte do monte Jearlim, ou como é conhecido: Quesalom; em seguida continuava descendo até Bete-Shémesh e passava por Timna.

[10]apho ujikela ngasentshonalanga yeBhala, ujonge kwintaba iSeyire, uphume kwicala elingasentla lentaba iYarim (oko kukuthi iKesalon), uhle uye eBhete-shemeshe, ugqithele eTimna.

[11] Depois ia para a encosta norte de Ecrom, virava na direção de Sicrom, prosseguia até o monte Baalá e chegava a Jabneel, terminando seus limites no mar Mediterrâneo.

[11]Lo mda wawunyuka uye kwinduli engasentla kwe-Ekron, ujike ujonge eShikeron, udlule intaba iBhala, wenjenjeya ukusinga eYabheneli. Wawuhamba uyokuma ngolwandle

[12] A fronteira ocidental era formada pelo contorno do litoral do Grande Mar, o Mediterrâneo. Eram, pois, estes limites que demarcavam as terras dos filhos de Judá por todos os lados, em conformidade com os seus clãs.

[12]olwalungumda wangasentshonalanga. Ngaphakathi kwale mida kwakuhlala abantu bezindlu zikaJuda.

UKalebhi uthimba iHebron neDebhiri
(Nkokh 1:11-15)

[13] De acordo com as orientações dadas por Yahweh, Josué entregou a Calebe, filho de Jefoné, uma porção de terra em Judá, que foi Quiriate-Arba, também conhecida como, Hebrom. Arbá era antepassado de Enaque.

[13]Inxalenye yommandla wakwaJuda wabelwa uKalebhi unyana kaJefune wesizwe sakwaJuda, ngokomyalelo kaNdikhoyo kuYoshuwa. Wabelwa iHebron, isixeko sika-Arbha, uyise ka-Anaki.

[14] Calebe expulsou destas terras os três enaquins: Sesai, Aimã e Talmai, descendentes de Enaque.

[14]UKalebhi wayikhuphela ngaphandle kweso sixeko inzala ka-Anaki. YayinguSheshayi, uAhiman, noTalmayi.

[15] De lá marchou contra os habitantes de Debir, que antes era chamada Quiriate-Sêfer, Cidade dos Livros.

[15]Wesuka apho waya kuhlasela abantu ababehlala eDebhiri ekwakusithiwa yiKiriyati-sefere mandulo.

[16] Foi quando Calebe declarou: "Aquele que derrotar Quiriate-Sêfer e a possuir, dar-lhe-ei também por esposa minha filha Acsa!"

[16]UKalebhi wathi: "Intombi yam uAkesa ndoyendisela kumntu oya kuze ayihlasele ayithimbe iKiriyati-sefere."

[17] Otniel ben Kenaz; Otoniel, filho de Quenaz, irmão materno de Calebe, conquistou a cidade; e Calebe lhe deu sua filha Acsa por esposa.

[17]UOteniyeli unyana womntakwabo-Kalebhi uKenazi wasithimba ke eso sixeko, waza uKalebhi wayendisela kuye intombi yakhe uAkesa.

[18] Quando casaram e Acsa foi viver com Otoniel, ela o persuadiu a autorizá-la a pedir uma porção extra de terra ao pai dela. Acsa se dirigiu para o lugar onde Calebe estava, e, assim que desceu do jumento, o seu pai lhe indagou: "Que desejas minha filha?"

[18]Bakuba betshatile wacenga uOteniyeli amvumele acele umhlaba kuyise. Wehla kwidonki awayekhwele kuyo uAkesa, waza uKalebhi wabuza wathi: "Kwenzeke ntoni?"

[19] E ela pediu: "Dá-me um presente! Visto que me destinaste a terra seca do Neguebe; dá-me, pois, bênçãos como fontes de água!" E ele lhe deu as fontes superiores e as inferiores da região.

[19]Wathi ukuphendula uAkesa: "Ndicela intsikelelo. Kaloku umhlaba ondinike wona ukwindawo ebharhileyo. Nceda undinike imithombo." UKalebhi ke wamnika imithombo angasentla nengasezantsi.

Izixeko zakwaJuda

[20] Essa foi a herança dos filhos de Judá, segundo seus clãs.

[20]Lo ngumhlaba owabelwe izindlu zesizwe sakwaJuda, waba lilifa lazo:

[21] As cidades que se situavam no extremo sul da tribo de Judá, no Neguebe, na direção da fronteira de Edom, eram: Cabzeel, Éder, Jagur,

[21]Izixeko zabo ezazisemazantsi, ezo zazikufuphi nomda wase-Edom, yayizezi: iKabhezeli, iEdere, iYagure,

[22] Quiná, Dimona, Adada,

[22]iKina, iDimona, iAdada,

[23] Quedes, Hazor, Itnã,

[23]iKedeshe, iHazore, i-Itenana,

[24] Zife, Telem, Bealote,

[24]iZifi, iTelem, iBheyaloti,

[25] Hazor-Hadata, Queriote-Hezrom, que é conhecida como Hazor,

[25]iHazore-hadata, iKeriyoti-hezeron (okanye iHazore),

[26] Amã, Sema, Moladá,

[26]iAmam, iShema, iMolada,

[27] Hazar-Gada, Hesmom, Bete-Pelete,	[27]iHazare-gada, iHeshmon, iBhete-pelete,
[28] Hazar-Sual, Berseba, Biziotiá,	[28]iHazare-shuwali, iBheshebha, iBhiziyotiya,
[29] Baalá, Iim, Azém,	[29]iBhala, i-Iyim, iEzem,
[30] Eltolade, Quesil, Hormá,	[30]iEltoladi, iKezili, iHoma,
[31] Ziclague, Madmana, Sansana,	[31]iZikelage, iMademana, iSanesana,
[32] Lebaote, Silim, Aim e Rimom. Ao todo vinte e nove cidades com suas aldeias vizinhas.	[32]iLebhawoti, iShilim, iAyin, kunye neRimon. Yaba zizixeko ezimashumi mabini anethoba zizonke, kwakunye neelali ezizingqongileyo.
[33] As cidades que ficam na Sefelá, nas planícies foram: Estaol, Zorá, Asná,	[33]Izixeko ezazisesihlanjeni yayizezi: iEshtawoli, iZora, iAshna,
[34] Zanoa, En-Ganim, Tapua, Enã,	[34]iZanowa, iEn-ganim, iTapuwa, iEnam,
[35] Jarmute, Adulão, Socó, Azeca,	[35]iYamuti, iAdulam, iSoko, iAzeka,
[36] Saaraim, Aditaim, Gederá e Gederotaim. Ao todo quatorze cidades com suas aldeias vizinhas.	[36]iSharayim, iAditayim, neGedera (okanye iGederotayim). Yaba zizixeko ezilishumi elinesine kunye neelali ezazizingqongile.
[37] Zenã, Hadasa, Migdal-Gade, [38] Dileã, Mispá, Jocteel, [39] Láquis, Bozcate, Eglom, [40] Cabom, Laamás, Quitlis, [41] Gederote, Bete-Dagom, Naamá e Maquedá. Ao todo dezesseis cidades com suas aldeias vizinhas.	[37-41]Kwakukho nezinye izixeko ezilishumi linantandathu ezazingqongwe ziilali. YayiyiZenan, iHadasha, iMigdali-gadi, iDilan, iMizpa, iYoketeli, iLakishe, iBhozekati, iEglon, iKabhon, iLamam, iKitilishe, iGederoyi, iBhete-dagoni, iNama, kunye neMakeda.
[42] Libna, Éter, Asã, [43] Iftá, Asná, Nezibe, [44] Queila, Aczibe e Maressa. Ao todo nove cidades com suas aldeias vizinhas.	[42-44]Kanti ke kwakukho nezinye izixeko ezilithoba ezazingqongwe ziilali: iLibhena, iEtere, iAshan, i-Ifeta, iAshna, iNezibhi, iKeyila, iAkezibhi, kunye neMaresha.
[45] Receberam ainda Ecrom, com as suas vilas e seus povoados vizinhos;	[45]IEkron yayingqongwe zizixeko kunye neelali,
[46] de Ecrom até o mar, todas as cidades nas cercanias de Asdode, com as suas aldeias;	[46]kukho nezinye izixeko neelali ngaseAshdode, ukusuka e-Ekron kuse elwandle.
[47] Asdode, com suas vilas e aldeias vizinhas; e Gaza, também com todos os seus vilarejos e povoados, até à Torrente, o ribeiro do	[47]Yayikwalapho iAshdode kunye neGaza kwanezixeko neelali zazo, zithe thande de kuye kuthi xhaxhe kwintlambo ekuthiwa yeyeJiputa nakunxweme lolwandle.

Egito, sendo o Grande Mar a sua fronteira final.

48 Na região montanhosa receberam as cidades de: Samir, Jatir, Socó,

49 Daná, Quiriate-Sana, conhecida em nossos dias como Debir,

50 Anabe, Estemo, Anim,

51 Gósen, Holom e Gilo. Ao todo onze cidades com suas aldeias vizinhas.

52 As famílias de Judá também receberam: Árabe, Duma, Esã,

53 Janim, Bete-Tapua, Afeca,

54 Hunta, Quiriate-Arba, conhecida em nossos dias como Hebrom, e Zior. Ao todo nove cidades com suas aldeias vizinhas.

55 Receberam também: Maom, Carmelo, Zife, Juta,

56 Jezreel, Jocdeão, Zanoa,

57 Caim, Gibeá e Timna. Ao todo dez cidades com suas aldeias vizinhas.

58 Receberam ainda: Halul, Bete-Zur, Gedor,

59 Maarate, Bete-Anote e Eltecom. Ao todo seis cidades com suas aldeias vizinhas.

60 E mais: Quiriate-Baal, que hoje é conhecida como Quiriate-Jearim e Rabá. Eram duas cidades com seus povoados vizinhos.

61 No deserto receberam: Bete-Arabá, Midim, Secacá,

62 Nibsã, Cidade do Sal e En-Gedi. Ao todo seis cidades com suas aldeias vizinhas.

63 Contudo, os descendentes de Judá não conseguiram expulsar os jebuseus, que

48Izixeko zeleentaba yayiyiShamire, iYatire, iSoko,

49neDana, iKiriyati-sana (okanye iDebhiri),

50iAnabhi, iEshtemo, kunye neAnim,

51iGoshen, neHolon, kunye neGilo. Yayizizixeko ezilishumi linambini zizonke kunye neelali ezizingqongileyo.

52YayiyiArabhu, iDuma, iEshan,

53iYanim, iBhete-tapuwa, iAfeka,

54iHumta, iKiriyati-arbha (yiHebron ke leyo), kunye neZiwore, izixeko ezilithoba kunye neelali ezizingqongileyo.

55IMawon, iKarmele, iZifi, neJuta,

56kunye neYizereli, iYokedim, neZanowa,

57iKayin, neGibheya, kunye neTimna, izixeko ezilishumi zizonke kunye neelali ezizingqongileyo.

58IHalehule, neBhete-zure, iGedore,

59neMarati, kunye neBhete-anoti ne-Eltekon, yayizizixeko ezithandathu kunye neelali ezizingqongileyo.

60Kwakukho neKiriyati-bhali (okanye iKiriyati-yarim) kunye neRabha: izixeko ezibini neelali ezizingqongileyo.

61Entlango kwakukho iBhete-arabha, iMidin, iSekaka,

62iNibheshan, isiXeko seTyuwa, kunye ne-Engedi: zazizithandathu kunye neelali ezizingqongileyo.

63Kodwa ke kambe amaJuda akazanga aba nako ukuwagxotha amaJebhusi awayemi

habitavam em Jerusalém; e, por isso, ainda em nossos dias vivem os jebuseus ali com o povo de Judá.

Josué 16

As heranças dos filhos de José. A herança de Efraim

1 As terras distribuídas aos filhos de José começavam ao oriente do Jordão próximas a Jericó, a leste das águas de Jericó, e daí subiam pelo deserto até a serra que vai de Jericó a Betel;

2 em seguida, partia de Betel em direção a Luz se dirigiam para o território dos arquitas, em Atarote,

3 desciam para o oeste, até chegar a região dos jafletitas, chegando até a fronteira de Bete-Horom Baixa, e prosseguindo até Gezer, findavam no mar.

4 Assim os descendentes de Manassés e Efraim, filhos de José, ganharam a sua herança.

5 Quanto ao território dos filhos de Efraim segundo seus clãs a fronteira de sua propriedade ia de Atarote-Adar, a leste, até Bete-Horom Alta,

6 depois os limites de sua herança prosseguiam até o mar Mediterrâneo. De Micmetá, ao norte, faziam uma curva para o leste, até Taanate-Siló, e, atravessando essa cidade, iam até Janoa, a leste.

eJerusalem. Asahlala apho nangoku kunye noonyana bakaJuda.

UYoshuwa 16

Ummandla owabelwa uEfrayim kunye noManase

1Umda ongezantsi womhlaba owabelwa inzala kaJosefu wawuqala eJordan kufuphi neJeriko, kwindawo eyayikwicala langasempumalanga yemithombo yaseJeriko, wenjenjeya ubhekisa ngasentlango. Wasuka eJeriko walityhutyha eleentaba ukusa eBhetele.

2Ukusuka eBhetele (ekwakuthiwa yiLuzi) wadlulela eAtaroti, apho ayemi khona ama-Arki.

3Wehla wajonga ngasentshona kummandla wamaYafeleti, waya kuma kummandla waseBhete-horon engasezantsi. Wedlula apho ujonge eGezere, waya kuma ngolwandle.

4Lo mhlaba waba lilifa lenzala kaJosefu, izizwe zakwaEfrayim noManase.

UEfrayim

5Nanku ummandla wezindlu zakwaEfrayim: Umda wabo wawusuka eAtaroti-adare ubheke ngasempumalanga eBhete-horon ekumantla,

6usuke apho uye kutsho elwandle. Ngasemantla apho yayiyiMikemetati, kuthi ngasempumalanga yalapho ujike umda ujonge iTanati-shilo, udlule apho kwangasempuma yalapho, ujonge eYanowa.

[7] Em seguida desciam de Janoa para Atarote e Naarate, aproximando-se bastante de Jericó e terminavam no rio Jordão.
[8] De Tapua os limites seguiam em direção oeste até a torrente de Caná e terminavam no mar Mediterrâneo. Essas foram as terras outorgadas às famílias da tribo de Efraim e se tornaram propriedade delas.
[9] A tribo de Efraim também ganhou alguns povoados e aldeias que estavam dentro das terras da tribo de Manassés.
[10] Entretanto, os cananeus que viviam em Gezer não foram expulsos. Eles continuam a viver no meio dos efraimitas até esses nossos dias, contudo são obrigados a trabalhar como escravos.

[7]Ukusuka apho uyehla ubheke eAtaroti naseNara, ugqithe eJeriko, uye kuma ngeJordan.
[8]Apho umda wawucanda ngasentshonalanga ukusuka ngaseTapuwa, ubheke kwintlambo iKana, uye kuma ngolwandle. Nguwo ke lowo umhlaba owaba lilifa lezindlu zesizwe sakwaEfrayim.
[9]Iidolophu neelali ezazikwimida yakwaManase zanikwa uEfrayim.
[10]Abazange bawagxothe amaKanana awayemi eGezere. Ahlala ke namaEfrayim kwada kwakaloku amaKanana, kodwa ênza umsebenzi ngokunyanzelwa.

Josué 17

A herança da meia tribo de Manassés

[1] Estas foram as terras distribuídas à tribo de Manassés, o primogênito de José. Foram outorgadas a Maquir, filho mais velho de Manassés e pai de Gileade, porque era um guerreiro valente, recebeu as regiões de Gileade e Basã.
[2] Depois dele, também foram dadas terras aos outros filhos de Manassés segundo seus clãs: aos filhos de Abiezer, Heleque, Asriel, Siquém, Héfer e Semida. Esses são os filhos homens de Manassés, filho de José, em conformidade com os seus clãs.
[3] Zelofeade, entretanto, filho de Héfer, neto de Gileade, bisneto de Maquir, trineto de Manassés, não teve nenhum filho homem,

UYoshuwa 17

UManase ongasentshonalanga kweJordan

[1]Inxalenye yomhlaba ongasentshonalanga kweJordan wabelwa ezinye izindlu zezindlu eziyinzala yonyana omkhulu kaJosefu uManase ngamaqashiso. UMakire, uyise kaGiliyadi, wayengunyana omkhulu kaManase, umfo oligorha emfazweni. Yiyo ke loo nto wabelwa iGiliyadi neBhashan, ezingasempumalanga kweJordan.
[2]Umhlaba ongasentshonalanga kweJordan wona wabelwa inxalenye yezindlu zesizwe sakwaManase: ooAbhiyezere, Heleki, Aseriyeli, Shekem, Hefere, noShemida. Aba ngokwezindlu zabo yayingabazukulwana abangamadoda bakaManase unyana kaJosefu.
[3]UZelofehadi unyana kaHefere, ozalwa nguGiliyadi unyana kaMakire ozalwa nguManase, yena akazanga azale madoda, yaba ziintombi zodwa. Nanga amagama

somente filhas mulheres, cujos nomes eram: Maalá, Noa, Hogla, Milca e Tirza.

4 Elas apresentaram-se perante o sacerdote Eleazar, na presença de Josué, filho de Num, e perante os líderes israelenses e reivindicaram: “Yahweh ordenou a Moisés que nos desse uma herança no meio dos nossos irmãos!” Foi-lhes atendida a solicitação e dada as terras, conforme a ordem do SENHOR, uma herança entre os irmãos de seu pai.

5 Assim, pois, couberam a Manassés dez partes além da terra de Gileade e Basã, que se situam à leste do Jordão,

6 porque as filhas de Manassés obtiveram uma herança entre os filhos dele. Quanto à terra de Gileade, ficou pertencendo aos outros filhos de Manassés.

7 Os limites das terras de Manassés foram: desde Aser até Micmetá, a leste de Siquém. A fronteira ia dali para o sul, chegando até o povo que habitava em En-Tapua.

8 Manassés possuiu a região de Tapua, mas a cidade de Tapua, na fronteira de Manassés, pertencia aos efraimitas.

9 Sendo assim, a fronteira descia para o riacho de Caná. Ao sul desta torrente situavam-se as cidades de Efraim, além de outras que pertenciam a Efraim e ficavam em meio às cidades de Manassés, todavia a fronteira de Manassés continuava pelo lado norte do ribeirão e acabava no mar Mediterrâneo.

azo: uMala, noNowa, uHogela, noMilika, kunye noTirza.

4Zaya kuElazare umbingeleli, bekunye noYoshuwa unyana kaNune kwaneenkokheli, zafika zathi: “ UNdikhoyo uyalele uMosis ngelithi nathi aze asabele umhlaba kunye nezizalwana zethu ezingamadoda.” Ke ngoko zawunikwa umhlaba kwanjenge-zizalwana zabo ezingamadoda njengoko uNdikhoyo wayetshilo.

5Isizwe sakwaManase saba nezabelo ezilishumi nje ukongezelela kwiGiliyadi neBhashan engasempumalanga kweJordan,

6kungenxa yokuba abazukulwana bakaManase abaziintombi nabangamadoda babelwa umhlaba. Umhlaba waseGiliyadi wona wabelwa enye inxalenye yabazukulwana bakaManase.

7Ummandla wesizwe sakwaManase wawusuka eAshere use eMikemetati ngasempumalanga yeShekem. Umda wawusihla uye ngasezantsi, uquke bonke abantu base-En-tapuwa.

8Umhlaba owawungqinge iTapuwa wawungowakwaManase, kodwa sona isixeko saseTapuwa esisemdeni sasisesenzala kaEfrayim.

9Wawusihla loo mda ubheke ezantsi ngakwintlambo iKana. Izixeko ezingezantsi kwaloo ntlambo yayizezakwaEfrayim, nakuba zazikummandla wakwaManase nje. Umda wakwaManase wawucanda ngakwicala elingasentla kwaloo ntlambo, uye kuma ngolwandle.

[10] O sul pertencia a Efraim e o norte a Manassés, com o mar Mediterrâneo por limite; confinavam ao norte com Aser, e com Issacar a leste.

[11] Manassés possuía, com Issacar e com Aser: Bete-Seã, Ibleã e as populações de Dor, En-Dor, Fonte de Habitação; Taanaque e Megido, com todas as suas aldeias. A terceira da lista, isto é, Dor, é conhecida por Nafote-Dor, Planalto de Dor.

[12] Mas, como os filhos de Manassés não conseguiram tomar posse dessas cidades, os cananeus continuaram a habitar nessas terras.

[13] Contudo, quando os filhos de Israel se tornaram mais fortes, submeteram os cananeus a trabalho forçado, mas não os expulsaram de todo.

[14] Os filhos de José se dirigiram a Josué e lhe reivindicaram: "Por que me deste por herança apenas uma parte, uma só porção, embora sejamos um povo numeroso, e Yahweh nos tem abençoado ricamente!"

[15] Orientou-lhes Josué: "Se tu és um povo numeroso, e a região montanhosa de Efraim têm pouco espaço para tuas famílias, sobe à floresta, toma uma parte das terras dos perizeus e dos refains, desmata e limpa o terreno segundo as tuas necessidades!"

[16] Ao que os descendentes de José contestaram: "Os montes de Efraim não são suficientes para todos nós; além disso todos os cananeus que habitam nas planícies possuem carros de ferro, tanto os que vivem em Bete-Seã, Casa da Tranquilidade, e suas

[10]Isizwe sakwaEfrayim sasingasezantsi, esakwaManase sona singasentla, ulwandle lungasentshona. UAshere wayemi ngasentla koManase, uIsakare emi ngasempuma.

[11]Ngaphakathi kwemida yakwaIsakare nakwa-Ashere iBhete-shan kunye neIbleyam, neelali ezizingqongileyo, yayizezakwaManase, kwakunye neDore engaselwandle, ne-Endore, iTanaki, iMegido, kwaneelali ezizijikelezileyo.

[12]Isizwe sakwaManase kambe asizanga sibe nako ukubagxotha abemi bezo zixeko, kuba amaKanana ayezimisele ukuhlala khona.

[13]Naxa amaSirayeli selenamandla, akabanga nako ukuzithimba ezo zixeko zamaKanana, kambe awanyanzela ukuba abe zizicaka.

UEfrayim noManase ongasentshona kweJordan bacela ukongezwa umhlaba

[14]Bathi kuYoshuwa abazukulwana bakaJosefu: "Ngani ukuba usinike isiqwenga sibe sinye somhlaba, ukanti sibaninzi kangaka ngenxa yokuthamsanqeliswa kunene nguNdikhoyo?"

[15]Wathi uYoshuwa: "Ukuba nibaninzi kangangokuba neleentaba lakwaEfrayim lingananeli, yiyani emahlathini, nifike nigece nizivulele umhlaba kwelamaPerezi namaRafa."

[16]Baphendula bathi: "Eliya leentaba aliphangalele kangangokuba lingasanela, kanti ke phaya ezintilini amaKanana aneenqwelo zentsimbi, la ahlalala eBhete-shan nalawa ahlala kule ntili yeYizereli xa ewonke."

aldeias como os que vivem no vale de Jezreel, Deus semeia."

17 Josué, todavia, assegurou à tribo de José: "Tu és de fato um povo numeroso, e grande é a tua força; tu não terás uma parte apenas,

18 mas terás toda uma montanha; é verdade que é uma floresta, porém tu a desmatarás e os seus limites mais distantes te pertencerão. Além disso, expulsarás os cananeus, não obstante possuam carros de ferro e sejam muito fortes!"

Josué 18

O tabernáculo é levantado em Siló

1 Toda a comunidade dos filhos de Israel se reuniu em Siló e ali armou a Tenda do Encontro. A terra toda foi dominada pelos israelenses.

2 Contudo, restavam entre os filhos de Israel sete tribos que ainda não haviam recebido a sua devida herança.

3 Então Josué exortou o povo de Israel: "Até quando negligenciareis tomar posse da terra que vos outorgou Yahweh, Deus de vossos pais?

4 Escolhei, pois, três homens por tribo, para que Eu os envie; irão percorrer toda a terra e farão uma descrição com o objetivo de mapeá-la conforme a área da herança que desejam possuir e depois regressarão para falar comigo.

5 Dividirão as terras em sete partes. Judá permanecerá no seu território ao sul, e os da casa de José ficarão na sua região ao norte.

6 Portanto, assim que fizeres um mapa da divisão da terra em sete partes o trareis a

17Wathi uYoshuwa kubo: "Ngenene, ndlu kaJosefu, nina zinto zikaEfrayim nani zinto zikaManase, nibaninzi, yaye ninamandla. Niza kusongezwa isabelo senu.

18Eleentaba lelenu, nditsho lilihlathi linjalo. Kufuneka niligece nime kulo lonke. AmaKanana wona kufuneka niwagxothe, nditsho enezo nqwelo zentsimbi, omelele enjalo."

UYoshuwa 18

Ukwabiwa komhlaba osaseleyo

1Ibandla lakwaSirayeli lahlangana eShilo, lamisa isibingelelo sikaNdikhoyo apho. Naxa umhlaba wawuseluthinjiwe

2kwakusekho izizwe zamaSirayeli ezisixhenxe ezazingekabelwa ilifa lazo.

3Wabhekisa kumaSirayeli ke uYoshuwa wenjenje: "Niya kulibazisa kude kube nini ukuya kuthimba umhlaba enawunikwa nguNdikhoyo, uThixo wooyihlo-mkhulu?

4Ndikhetheleni amadoda abe mathathu kwisizwe ngasinye, ndiwathume aye kulicanda ilizwe, abhale iinkcukacha zalo ngokwelifa lesizwe ngasinye. Kufuneka aphinde eze kum akugqiba.

5Loo mhlaba ke uya kwabiwa wahlulwe ube ziziqwenga ezisixhenxe. UJuda wohlala ngezantsi kummandla wakhe, noJosefu wohlala kowakhe ummandla ngasentla.

6Ze nizibhale iinkcukacha zezo ziphaluka zosixhenxe, nize nazo kum nakugqiba. Mna

mim, para que eu aqui vos lance as sortes perante Yahweh, nosso Deus.

ke ndokwenza amaqashiso, ndiqonde umnqweno kaNdikhoyo uThixo wethu ngani.

[7] Os levitas, entretanto, não terão parte material alguma no meio de vós: o sacerdócio do SENHOR é a plena herança deles. Quanto a Gade, a Rúben e à meia tribo de Manassés, já receberam a sua parte da herança no lado leste do Jordão, ao oriente, terras que lhes foram outorgadas por Moisés, servo de Yahweh!"

[7]AbaLevi bona abayi kwabelwa isabelo njengani; kaloku esabo isabelo kukuba ngababingeleli abakhonza uNdikhoyo. Zona ke izizwe zakwaGadi noRubhen nesiqingatha sikaManase sebelabelwe elabo ilifa phaya ngasempumalanga kweJordan, alinikwa nguMosis isicaka sikaNdikhoyo."

[8] Assim esses homens saíram para mapear e fazer a descrição daquela terra, depois de receberem de Josué esta ordem: "Ide, percorrei a terra e descrevei-a, depois, voltai a mim e lançarei a sorte por vós, na presença do SENHOR, aqui em Siló!"

[8]Anduluka ke loo madoda, aya kucanda umhlaba, emva kokuba uYoshuwa wayethe: "Ze niwujikeleze niwucande loo mhlaba, nizibhale iinkcukacha zawo, nibuye nize kum. Mna ndoqonda kuNdikhoyo ngokwenza amaqashiso apha eShilo."

[9] Partiram, pois, esses homens, percorreram a terra e fizeram uma descrição dela num livro. Eles a dividiram em sete partes e prepararam uma lista das cidades. Mais tarde retornaram ao acampamento de Siló, onde Josué os aguardava.

[9]Awujikeleza ke loo mhlaba loo madoda, abhala echaza ukuba awahlule njani waziziqwenga ezisixhenxe, enza noludwe lwezixeko. Babuyela kuYoshuwa esikhululweni eShilo.

[10] Estão Josué realizou o sorteio a fim de consultar Yahweh por eles e entregou a cada tribo do povo de Israel uma parte da terra.

[10]UYoshuwa wenza amaqashiso phambi koNdikhoyo, waza ke wazabela izizwe zakwaSirayeli ebezingekabi namhlaba iziqwenga zomhlaba, ewaba ngokwezindlu zazo.

A herança de Benjamim

[11] Saiu a sorte em primeiro lugar para a tribo dos filhos de Benjamim, segundo seus clãs: o território sorteado ficava entre as tribos de Judá e de José.

[12] No lado norte a sua fronteira tinha início no Jordão, passava pela encosta norte de Jericó e prosseguia para oeste, para a região

Ummandla owabelwa uBhenjamin

[11]Kwaqala kwaphuma iqashiso lommandla wezindlu zesizwe sakwaBhenjamin. Umhlaba wabo wawumi phakathi kwesizwe sakwaJuda nesakwaJosefu.

[12]Ngasentla umda wabo wawuqala eJordan, unyuke loo mathambeka angasentla kweJeriko, wenjenjeya ukusinga

montanhosa, terminando no deserto de Bete-Áven.

[13] Então seguia para o sul na direção da cidade de Luz, que é Betel, e descia para Atarote-Adar, na montanha que está ao sul de Bete-Horom Baixa.

[14] A fronteira se desviava e retornava, frente ao oeste, em direção ao sul, desde a montanha que está defronte de Bete-Horom ao sul, para ir terminar em direção a Quiriate-Baal, que é conhecida em nossos dias como Quiriate-Jearim, cidade do povo de Judá. Esse, portanto, era o lado ocidental.

[15] No sul a divisa começava na extremidade de Quiriate-Jearim e dali seguia para o oeste chegando as fontes de Neftoa.

[16] O limite da propriedade descia até o sopé da montanha que fica defronte do vale de Ben-Hinom, ao norte do vale dos Refains, dos Gigantes. Em seguida, prosseguia demarcando as terras, descendo da encosta sul da cidade dos jebuseus e chegava a En-Rogelou a fonte de Rogel.

[17] Fazia então uma volta para o norte, indo até a fonte de Semes, e daí para Gelilote, que se situa defronte da subida de Adumim, então descia à conhecida Pedra de Bohan ben Ruben, Boã filho de Rúben.

[18] Prosseguia em direção à encosta norte de Bete-Arabá, e daí descia para a Arabá, a planície do Jordão.

[19] Depois seguia para a encosta norte da subida Bete-Hogla e concluía o ponto final da fronteira na baía norte do mar Salgado,

ngasentshona, utyhutyha eleentaba, uye kuma ngentlango iBhete-aven.

[13]Wawunyuka ithambeka kwicala elingasezantsi eLuzi (yiBhetele ke leyo) uhle ubheke eAtaroti-adare entabeni engezantsi kweBhete-horon emzantsi.

[14]Lo mda wawujika ujonge emazantsi usuka kwicala elingasentshonalanga yeleentaba, wenjenjeya ukusinga eKiriyati-bhali (iKiriyati-yarim) yesizwe sakwaJuda. Ngumda wangasentshona lo.

[15]Umda wangasezantsi wawuqala ngasemaphethelweni eKiriyati-yarim ngasentshona, ubheke kumthombo waseNefetowa,

[16]usuke apho uhle ubheke phantsi kwentaba ejonge kwintili yoonyana bakaHinom engasentla kwentili yamaRafa. Wawusuka apho uhle utyhutyhe loo ntili iHinom kwithambeka emazantsi esixeko samaJebhusi, ubheke ngase-En-rogele.

[17]Uyajika ujonge emantla e-En-shemeshe, uze ugqithele eGeliloti ngakwinkalo yeAdumim. Ukusuka apho uyehla uye ngakwiLitye likaBhohan (uBhohan wayengunyana kaRubhen),

[18]uze udlule ngasentla kwengxondorha ephezu kwaloo ntili yeJordan, uhle uye entilini,

[19]uze udlule ngasentla kwengxingwa eBhete-hogela, uye kuphela ngasentla apho umlambo iJordan ungena khona kuLwandle

ou Morto, na foz do rio Jordão, ao sul. Essa, pois, era a divisa do sul.

20 O rio Jordão delimitava a fronteira do lado oriental. Essa foi a herança recebida pelos filhos de Benjamim de acordo com os seus limites, segundo seus clãs e famílias.

21 A tribo dos filhos de Benjamim, clã por clã, recebeu as seguintes cidades: Jericó, Bete-Hogla, Emeque-Quesis,

22 Bete-Arabá, Zemaraim, Betel,

23 Avim, Pará, Ofra,

24 Quefar-Amonai, Ofni e Geba. Eram ao todo doze cidades com os seus povoados e aldeias vizinhas.

25 Gibeom, Ramá, Beerote,

26 Mispá, Quefira, Mosa,

27 Requém, Irpeel, Tarala,

28 Zela, Elefe, Jebus ou jebuseu – que é Jerusalém – Gibeá e Quiriate: quatorze cidades ao todo, mais os seus povoados. Essas foram, portanto, as terras que os clãs e as famílias da tribo de Benjamim receberam como sua propriedade herdada.

Josué 19

A herança de Simeão

1 A segunda sorte saiu para Simeão, indicando a distribuição das terras que caberiam às famílias da tribo de Simeão, conforme seus clãs: a sua herança, portanto, situava-se no meio das terras da tribo de Judá.

2 Receberam por herança as cidades de Berseba ou Seba, Moladá,

3 Hazar-Sual, Balá, Azém,

4 Eltolade, Betul, Hormá,

5 Ziclague, Bete-Marcabote, Hazar-Susa,

oluFileyo. Lo ke yayingumda wangasezantsi.

20IJordan yona yayingumda wangasempumalanga. Yiyo ke leyo imida yomhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaBhenjamin, walilifa lazo.

21Izixeko zezindlu zesizwe sakwaBhenjamin zizo ezi: iJeriko, iBhete-hogela, iEmeki-kezizi,

22iBhete-arabha, iZemarayim, iBhetele,

23iHavim, iPara, iOfra,

24iKefar-amoni, iOfeni, kunye neGebha. Yayilishumi elinambini lezixeko ezingqongwe ziilali.

25Kwakukho neGibheyon, iRama, iBheroti,

26iMizpa, iKefira, iMoza,

27iRekem, i-Irpeli, iTarala,

28iZela, iHayelefe, nesixeko samaJebhusi (oko kukuthi iJerusalem), kwakunye neGibheya, neKiriyati-yarim. Yayilishumi elinesine lezo zixeko ezazingqongwe ziilali. Nguwo ke lowo umhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaBhenjamin.

UYoshuwa 19

Ummandla owabelwa uSimon

1 Iqashiso lesibini laphumela isizwe sakwaSimon ngokwezindlu zaso. Ilifa laso lalikummandla wakwaJuda.

2Umhlaba wakwaSimon wawuquka iBheshebha, iShebha, iMolada,

3iHazare-shuwali, iBhala, ne-Ezem,

4iEltoladi, iBhetuli, iHoma,

5iZikelagi, iBhete-markabhoti, iHazare-susa,

[6] Bete-Lebaote e Saruém. Ao todo treze cidades, com seus povoados e aldeias vizinhas.

[7] Aim, Rimom, Eter e Asã, quatro cidades com seus povoados,

[8] e todas as aldeias ao redor dessas cidades, até Baalate-Beer, que é conhecida como Ramá, no Neguebe. Essa foi a herança da tribo dos filhos de Simeão de acordo com suas famílias, clã por clã.

[9] A herança dos simeonitas, portanto, foi tomada da sorte que coube aos filhos de Judá, porque a parte dos filhos de Judá era além do que eles necessitavam para viver bem. Por esse motivo os filhos de Simeão receberam a sua herança dentro do território de Judá.

A herança de Zebulom e de Issacar

[10] O terceiro sorteio apontou a distribuição de terras para os filhos de Zevulun, Zebulom, segundo as suas famílias, clã por clã. A fronteira de sua propriedade ia até Saride,

[11] De lá dirigia-se para o oeste, chegava a Maralá, atingia Dabéshet, Dabesete, e se estendia até o ribeiro defronte a Iocneam, Jocneão.

[12] De Saride a fronteira fazia uma volta para o leste, para o lado do nascente do sol, em direção às terras de Quislote-Tabor, prosseguia até Daberate e subia para Jafia.

[13] Em seguida continuava para o oriente, até Gate-Héfer e Ete-Cazim, chegava a Rimom Metoar e desenhava uma curva na direção de Neá.

[6]iBhete-lebhawoti, kunye neSharuhen. Yayizizixeko ezilishumi linantathu kunye neelali ezazizingqongile.

[7]Kwakukwakho neAyin, iRimon, iEtere, kunye neAshan; izixeko ezine kunye neelali ezizingqongileyo.

[8]Zonke iilali ezazingqonge ezo zixeko zazikwalapho kude kuse eBhalati-bhere (ekuthiwa yiRama) kwintlango engasezantsi. Nguwo ke lowo umhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaSimon, waba lilifa lazo.

[9]Umhlaba wakwaJuda inxalenye yawo yabelwa isizwe sakwaSimon ukuba ibe lilifa laso, kuba wawumkhulu ngaphezu kokuba isizwe sakwaJuda sasiwudinga.

Ummandla owabelwa uZebhulon

[10]Ngesihlandlo sesithathu iqashiso laphumela isizwe sakwaZebhulon ngokwezindlu zaso. Umda welifa lesi sizwe waya kuma ngeSaridi.

[11]Ukusuka apho umda wacanda ngasentshona waya kutsho eMarala, wegqitha eDabhesheti nakwintlambo iYokeneham.

[12]Kwicala elingaphaya kweSaridi wenjenjeya ukuya ngasempuma kumda weKiseloti-tabhore, wedlulela eDabherati ukusinga eYafiya.

[13]Ukusuka apho wakhweza kwicala langasempumalanga, ujonge eGati-hefere nase-Eti-kazin, wajika wajonga ngaseRimon usinga eNeha.

[14] A fronteira norte se voltava em direção de Hanatom e terminava no vale de Iftá-El.

[15] Nessa região também faziam parte do território de Zebulom: Catate, Naalal, Sinrom, Idala e Belém. Eram, pois, doze cidades com seus povoados e aldeias vizinhas.

[16] Todas essas cidades com seus povoados foram a herança das famílias de Zebulom, clã por clã.

[17] A quarta sorte saiu para Issacar, para os filhos de Issacar, segundo seus clãs.

[18] A sua propriedade abrangia: Jezreel, Quesulote, Suném,

[19] Hafaráim, Siom, Ananrate,

[20] Rabite, Quisiom, Ebes,

[21] Remete, En-Ganim, En-Hadá e Bete-Pazes.

[22] Os limites do território chegavam a Tabor, Saazima e Bete-Semes, e terminavam no rio Jordão. Eram dezesseis cidades, mais os seus povoados.

[23] Essas cidades com seus povoados e aldeias vizinhas foram a herança da tribo de Issacar, família por família, clã por clã.

A herança de Aser e de Naftali

[24] A quinta distribuição de terras por meio de sorteio foi feita para as famílias da tribo de Aser.

[25] Esse território incluía as cidades de Helcate, Hali, Béten, Acsafe,

[26] Alameleque, Amade e Misal. A oeste a fronteira chegava até Carmel, o monte Carmelo, e Sior-Libnate.

[14]Umda ngasemantla wajika apho wasinga ngaseHanaton, waya kuma kwintili i-Ifeta-eli.

[15]Wawuquka ezi zixeko: iKatati, iNalali, iShimron, i-Idala, kunye neBhetelehem. Yaba lishumi linambini lezixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

[16]Ezo zixeko kunye nezo lali zazikumhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaZebhulon.

Ummandla owabelwa uIsakare

[17]Ngesesine isihlandlo iqashiso laphumela isizwe sakwaIsakare ngokwezindlu zaso.

[18]Kummandla waso kwakukho izixeko iYizereli, iKesuloti, iShunem,

[19]iHafarayim, iShiyon, iAnarati,

[20]iRabhiti, iKishiyon, iEbheze,

[21]neRemeti, iEn-ganim, iEn-hada, kunye neBhete-pazeze.

[22]Lo mda wadibanisa iTabhore, iShazuma, kunye neBhete-shemeshe, uye kuma ngeJordan. Wawunezixeko ezilishumi linantandathu kunye neelali ezizingqongileyo.

[23]Ezo zixeko kunye nezo lali zazikumhlaba owabelwa izindlu zesizwe sakwaIsakare ukuze ube lilifa lazo.

Ummandla owabelwa uAshere

[24]Ngesihlandlo sesihlanu iqashiso laphumela isizwe sakwa-Ashere ngokwezindlu zaso.

[25]Ummandla wesi sizwe wawuquka izixeko iHelekati, iHali, iBheten, neAkeshafi,

[26]kwakunye neAlam-meleki, iAmadi, kunye neMishali. Ngasentshonalanga wawudlula eKarmele naseShikore-libhenati.

[27] Depois virava para o oriente, do lado do nascer do sol, em direção a Bete-Dagom, alcançava Zebulom e o vale de Iftá-El, e dirigia-se para o norte, para Bete-Emeque e Neiel, atravessando Cabul, à esquerda,

[28] Ebrom, Reobe, Hamom e Caná, até a grandiosa Tsidon, Sidom.

[29] A divisa então retornava em direção a Ramá e rumava para a cidade fortificada de Tsor, Tiro, virava no sentido de Hosa e concluía sua demarcação no mar Mediterrâneo, na região de Aczibe,

[30] Umá, Afeque e Reobe: vinte e duas cidades com suas aldeias próximas.

[31] Essa foi a herança da tribo dos filhos de Aser, segundo suas famílias e clãs: essas cidades e seus povoados.

[32] Para os filhos de Naftali saiu a sexta sorte e a distribuição das terras foi feita para as famílias da tribo de Naftali, clã por clã.

[33] A sua fronteira ia de Helefe e do Carvalho de Zaanim, passando por Adami-Neguebe e Jabneel, até Lacum, terminando no rio Jordão.

[34] Ao ocidente, retornando para o oeste, a fronteira passava em Aznote-Tabor e ia em direção a Hucoque. Chegava a Zebulom ao sul, Aser a oeste e até Judá, a leste, no rio Jordão.

[35] As cidades fortificadas eram: Zidim, Zer, Hamate, Racate, Quinerete,

[36] Adamá, Ramá, Hazor,

[37] Quedes, Edrei, En-Hazor,

[27]Ukujika kwawo ngasempumalanga wawusinga ngaseBhete-dagoni, udlule kwaZebhulon nakwintili i-Ifeta-eli ukubheka ngasentla eBhete-emeki naseNeyeli. Wenjenjeya ukunyuka ucanda ngasekunene kweKabhuli,

[28]ujonge e-Ebron, eRehobhi, eHamon, naseKana, ukuya kutsho kwiSidon enkulu.

[29]Wawujika apho ujonge eRama, ude uye kutsho kwisixeko saseTire esinqatyisiweyo, ujike ujonge ngaseHosa, uye kuma ngolwandle. Wawuquka iMahalabhi, iAkezibhi,

[30]iUma, iAfeki, kunye neRehobhi. Yayingamashumi mabini nambini ezixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

[31]Zazikummandla welifa lesizwe sakwa-Ashere ezi zixeko kunye neelali ezizingqongileyo.

[12] Então Calebe declarou: “Ao homem responsável por atacar e conquistar Quiriate-Sêfer darei minha filha Acsa em matrimônio!”

[13] Quem conquistou a cidade foi Otoniel, filho de Quenaz, irmão mais novo de Calebe, e este lhe entregou sua filha Acsa por esposa.

[14] Assim que passaram a viver como marido e mulher, ela o convenceu a deixá-la pedir um campo, como herança, a seu pai. Acsa foi até Calebe e, assim que saltou do jumento, seu pai lhe indagou: “O que desejas?”

[15] Ela então lhe rogou: “Concede-me uma bênção. Visto que me destinaste as terras secas do Neguebe, dá-me também fontes de água!” E Calebe lhe deu as fontes superiores e as fontes que ficavam nas terras baixas.

[8]Abendlu kaJuda ke bayihlasela bayithimba iJerusalem. Abemi bayo babatshabalalisa, sona isixeko basifak' umlilo.

[9]Emva koko ke balwa namaKanana akweleentaba, namazantsi azo, ngokunjalo nakwintlango esezantsi.

[10]Bahlasela namaKanana awayemi eHebron eyayibizwa ngokuba yiKiriyati-arbha mandulo. Bayoyisa ke imizi yamaSheshayi, ama-Ahiman, namaTalmayi.

UOteniyeli uthimba iDebhiri
(Yosh 15:13-19)

[11]Abendlu kaJuda baya kuhlasela abantu abahlala eDebhiri, ekwakusithiwa yiKiriyati-sefere mandulo.

[12]UKalebhi wathi: “Intombi yam uAkesa ndoyendisela kumntu oya kuze ayihlasele ayithimbe iKiriyati-sefere.”

[13]UOteniyeli, unyana kaKenazi umninawa omncinci kaKalebhi, wasithimba ke eso sixeko, waza ke uKalebhi wayendisela kuye intombi yakhe uAkesa.

[14]Bakuba betshatile wacenga uOteniyeli amvumele acele umhlaba kuyise. Wehla kwidonki awayekhwele kuyo uAkesa, waza uKalebhi wambuza wathi: “Kwenzeke ntoni?”

[15]Wathi ukuphendula uAkesa: “Ndicela intsikelelo. Kaloku umhlaba ondinike wona ukwindawo ebharhileyo. Nceda undinike imithombo.” UKalebhi ke wamnika imithombo engasentla nengasezantsi.

Uloyiso lukaJuda noBhenjamin

[16] Os descendentes do sogro de Moisés, que era queneu, saíram com o povo de Judá e foram de Jericó, a Cidade das Palmeiras, para o deserto de Judá, que se situa ao sul de Arade. E ali passaram a viver entre os amalequitas, o povo do deserto, no Neguebe.

[17] Depois, o povo de Judá foi com seus irmãos da tribo de Simeão e atacaram e venceram os cananeus que habitavam em Zefate, destruindo totalmente a cidade. Por esse motivo passou a ser chamada Hormá, Destruição.

[18] Então Judá se apossou de Gaza e dos seus arredores, de Ascalom e do seu território, de Ecrom e dos seus povoados.

[19] O SENHOR estava com os exércitos de Judá. Eles ocuparam a serra central, todavia, não conseguiram expulsar os habitantes dos vales, pois estes possuíam carros de guerra feitos de ferro.

[20] Como Moisés ordenara, deram as terras de Hebrom a Calebe, que desterrou os três filhos de Enaque.

[21] Quanto aos jebuseus que habitavam em Jerusalém, os filhos de Benjamim não os desalojaram, e até o dia de hoje os jebuseus têm vivido em Jerusalém com os benjamitas.

[22] Os homens da tribo de José, por sua vez, investiram contra Bet-El, Betel, e o SENHOR se demonstrou presente com eles.

[23] A casa de José mandou fazer o reconhecimento de Betel, anteriormente chamada Luz.

[16]Inzala kayise womka-Mosis, umKeni, yahamba nendlu kaJuda ukuphuma kwisiXeko samaSundu, yaya kumhlaba oyintlango ezantsi kweArade kwelakwaJuda, yaza ke yema phakathi kwabantu balapho.

[17]Ke uJuda noSimon badibana, baza bawoyisa amaKanana awayehlala eZefati. Eso sixeko basivuthulula, basitshabalalisa, baza basithiya igama eliyiHoma.

[18-19] UNdikhoyo wayinceda indlu kaJuda, yawuthatha umhlaba okweleentaba. Phofu abakwaJuda zange babe nako ukubagxotha abantu ababemi kwintili egudle ulwandle, kuba babeneenqwelo ezenziwe ngentsimbi. Izixeko zabo ibiyiGaza, iAshkelon, ne-Ekron, zinemimandla yazo.

[20]Ngokomlomo kaMosis iHebron yanikwa uKalebhi, owagxotha izindlu ezintathu khona ezaziyinzala ka-Anaki.

[21]Kodwa ke amaBhenjamin zange awagxothe amaJebhusi awayehlala eJerusalem – asemi khona ndawonye namaBhenjamin unanamhla.

Abendlu kaJosefu bathimba iBhetele

[22-23]Abendlu kaJosefu bahlasela iBhetele, ekwakusithiwa yiLuzi ngaloo maxesha. UNdikhoyo wabanceda. Bathumela iintlola apho esixekweni,

24 Os que foram cumprir a missão de espias observaram um homem que saía da cidade e interrogaram-lhe: "Como poderemos entrar na cidade? Mostra-nos e seremos clementes contigo!"

24zaza zabona indoda iphuma khona, zathi kuyo: "Sibonise indlela yokungena esixekweni. Ukuba uthe wenjenjalo asiyi kukwenzakalisa."

25 Ele lhes indicou por onde entrar na cidade. E assim eles puderam adentrar e matar todos os habitantes da cidade, contudo, pouparam a vida daquele homem e de toda a sua família.

25Yazibonisa ke, aza amaJosefu ababulala bonke abantu bakhona, ashiya loo ndoda nendlu yayo kuphela.

26 Então o homem salvo e seu clã foram para a terra dos hititas, onde fundou uma cidade e lhe deu o nome de Luz, que é seu nome até nossos dias.

26Emva koko yaya kwelamaHiti, yakha isixeko, yathi yiLuzi igama laso. Sisabizwa ngelo gama ke nangoku.

Izizwe ezingagxothwanga ngamaSirayeli

27 Manassés, contudo, não conseguiu expulsar o povo de Bete-Seã, o de Taanaque, o de Dor, o de Ibleã, o de Megido, tampouco o das aldeias vizinhas dessas cidades, porquanto os cananeus estavam decididos a permanecer naquela terra.

27AmaManase zange azigxothe izizwe ezazihlala eBhete-shan, eTanaki, eDore, eIbleyam, eMegido, nakwiilali ezikufuphi nezi dolophu, kuba amaKanana ayezimisele ukuhlala apho.

28 Mais tarde, quando Israel se tornou mais forte, submeteu os cananeus a tributos e trabalhos forçados, mas não os expulsou a todos.

28Athi ke akomelela amaSirayeli azenza izicaka zawo ezo zizwe, kodwa akazigxotha.

29 A tribo de Efraim não desterrou os cananeus que moravam na cidade de Gezer, e assim os cananeus seguiram vivendo entre o povo de Efraim.

29NamaEfrayim zange awagxothe amaKanana awayehlala eGezere; awayeka bahlala kunye.

30 Nem Zebulom expulsou os habitantes das cidades de Quitrom e Naalol, estes, entretanto, foram obrigados a trabalhar e pagar impostos para eles.

30AmaZebhulon nawo zange awagxothe amaKanana awayehlala eKitron naseNalali, kodwa ahlala nawo, awenza izicaka.

31 Também Aser não desterrou os que viviam em Aco, Sidom, Alabe, Aczibe, Helba, Afeque e Reobe,

31Nama-Ashere zange abagxothe abemi baseAko, nabaseSidon, nabaseAlabhi, nabaseAkezibhi, nabaseHelebha, nabaseAfeki, nabaseRehobhi.

[32] e, por esse motivo, o povo de Aser vivia entre os cananeus que habitavam naquelas terras.

[32]Ngoko ke ama-Ashere ahlala nawo loo maKanana.

[33] Nem Naftali desalojou os que habitavam em Bete-Semes e em Bete-Anate; e por essa razão o povo de Naftali igualmente vivia na companhia dos cananeus que moravam naquelas terras, e aqueles que viviam em Bete-Semes e em Bete-Anate foram submetidos a trabalhos forçados e a pagar tributos para a tribo de Naftali.

[33]Indlu kaNafetali zange ibagxothe abemi baseBhete-shemeshe nabaseBhete-anati. Loo maKanana ke ahlala namaNafetali, aba zizicaka zawo.

[34] Os amorreus conseguiram empurrar os filhos da tribo de Dã para a serra central, não permitindo que descessem ao vale.

[34]AmaDan oyiswa ngama-Amori, atsho ahlala kweleentaba, akaba nako ukuhlela emathafeni.

[35] E os amorreus, da mesma maneira que os demais povos, estavam firmemente decididos a resistir aos israelenses no monte Heres, em Aijalom e em Saalbim, contudo, quando as tribos de José foram fortalecidas, eles também foram obrigados a pagar tributos e trabalhar para o povo de José.

[35]Ama-Amori ayezimisele ukunganikezeli eAyalon, naseShalabhim, nakwintaba iHeres; kodwa ke amaJosefu ada awongamela, aba zizicaka zawo.

[36] A fronteira dos amorreus ia de Maale Acrabrim, a Subida dos Escorpiões, até Selá, a Rocha, e mais adiante em direção norte.

[36]Umda wama-Amori wawuhamba uye kuphuma ngenkalo yeAkrabhim, uye kudlula eSela.

Juízes 2

O Anjo do Senhor repreende os israelitas

[1] O Anjo do SENHOR subiu de Guilgal a Bohim, Boquim e declarou: “Eu vos fiz subir do Egito e vos trouxe a esta terra que Eu tinha prometido por juramento a vossos pais. Eu ordenara: ‘Jamais quebrarei a minha Aliança convosco.

Iinkokheli 2

Isithunywa sikaNdikhoyo eBhokim

[1]Isithunywa sikaNdikhoyo saphuma eGiligali, saya eBhokim, saza sathi: “Ndanikhupha kwelaseJiputa, ndanizisa kweli lizwe ndabathembisa ngalo ooyihlo-mkhulu ngesifungo. Ndathi: ‘Andisoze ndiwaphule umnqophiso wam nani.

[2] Quanto a vós, não fareis qualquer pacto ou acordo com os habitantes desta terra; antes, destruireis os seus altares!’ Contudo, não escutastes a minha voz. Por que fizestes isso?

[2]Ke nina ze ningaze nenze mnqophiso nabemi beli lizwe. Kufuneka niwadilize amaqonga abo amadini.’ Kambe ke anenzanga ngokwelizwi endalithethayo kuni. Yintoni le niyenzileyo?

[3] Por isso vos asseguro: não expulsarei estes povos de diante de vós. Serão vossos opressores, e os seus deuses serão uma cilada constante para vós!”

[4] Assim que o Anjo do SENHOR pronunciou essas palavras a todos os filhos de Israel, o povo começou a lamentar em alta voz e a chorar amargamente.

[5] Por este motivo chamaram ao lugar de Bohim, Pranteadores. E ali eles ofereceram sacrifícios a Deus, o SENHOR.

[6] Então Josué se despede do povo, e os filhos de Israel partiram cada qual para a sua herança, a fim de ocupar a terra.

A infidelidade dos israelitas depois da morte de Josué

[7] O povo de Israel serviu a Deus, o SENHOR, enquanto Josué viveu. Depois que ele faleceu, eles ainda continuaram a servir o SENHOR durante toda a vida dos anciãos, os líderes do povo que sobreviveram a Josué e que conheceram todas as grandes obras que Yahweh fizera em favor de Israel.

[8] Josué, filho de Num, servo de Yahweh, o SENHOR, morreu com a idade de cento e dez anos.

[9] Foi sepultado na terra de sua herança, em Timnate-Heres, região montanhosa de Efraim, ao norte do monte Gaás.

[10] Depois que toda aquela geração morreu e foi reunida a seus antepassados, surgiu uma nova geração que se esqueceu do SENHOR e das orientações e dos grandes feitos do SENHOR em benefício do povo de Israel.

[3]Ngoko ke ndiyanazisa ukuba andiyi kuzigxotha ezi zizwe. Zona ke ziya kuba ngumgibe kuni, nirhintyelwe yindlela ezinqula ngayo oothixo bazo.”

[4]Sakuthetha la mazwi ke isithunywa sikaNdikhoyo, onke amaSirayeli asitsho isikhalo.

[5]Ngenxa yaloo nto ke igama laloo ndawo kuthiwa yiBhokim. Khona apho uNdikhoyo amenzela amadini amaSirayeli.

Ukufa kukaYoshuwa

[6]Ke kaloku uYoshuwa amaSirayeli wawandulula. Indlu nganye yaya kuthatha esayo isabelo somhlaba esililifa layo.

[7]Ngalo lonke ixesha esadla ubomi uYoshuwa, amaSirayeli ambusa amnqula uNdikhoyo. Nasekufeni kwakhe aqhubela phambili amnqula lo gama esaphila amadoda amakhulu awayeyibone ngamehlo imimangaliso awayeyenzele amaSirayeli uNdikhoyo.

[8]UYoshuwa, unyana kaNune, isicaka sikaNdikhoyo, wabhubha xa enekhulu elineshumi leminyaka ezelwe.

[9]Wangcwatywa kumhlaba olilifa lakhe eTimnata-heres kweleentaba kwaEfrayim, ngasentla kwentaba iGahashe.

[10]Sakuba sitshonile sonke eso sizukulwana, kwavela sizukulwana simbi, singamaziyo uNdikhoyo, ngokunjalo naloo misebenzi yakhe wayeyenzela amaSirayeli.

USirayeli uyekile ukunqula uNdikhoyo

[11] Então, os filhos de Israel fizeram o que era mau aos olhos do SENHOR, e prestaram culto e serviço aos baalins.

[11]Ke amaSirayeli amona uNdikhoyo ngokunqula ooBhali,

[12] Abandonaram Yahweh, o Deus de seus pais, que os tinha feito sair da terra do Egito, e passaram a servir e adorar vários deuses cultuados pelos povos ao seu redor, provocando a ira do Eterno.

[12]asuka amfulathela uNdikhoyo, uThixo wooyise-mkhulu, uThixo owawakhupha kwelaseJiputa. Asuka abusa thixo bambi kwizithixo zabantu ababewangqingile. UNdikhoyo amcaphukisa ngokusuka akhahlele abuse ezo zithixo.

[13] Deixaram a Yahweh e prestaram culto a Baal e a Astarote.

[13]Amfulathela uNdikhoyo, asuka akhonza ooBhali nooAshtarte.

[14] Então a ira do SENHOR se acendeu contra Israel, e Ele os entregou nas mãos de invasores que os espoliaram, e os entregou aos inimigos que os cercaram, e não puderam mais oferecer-lhes resistência.

[14]Ngoko ke uNdikhoyo waba nomsindo, amaSirayeli wawayekela ngeentshaba, zawahlasela ziwaphanga. Wazivulela macala onke, zawongamela, ada akaba nako ukuzikhusela.

[15] Em todas as batalhas que os israelitas empreendiam, a mão do SENHOR era contra eles para lhes derrotar, conforme tudo quanto lhes havia advertido e jurado. E grande aflição e angústia dominava todo o povo.

[15]Ayesithi xa ephumile aya edabini, uNdikhoyo awayekele, ngokomlomo wakhe. Kwathi ke kwakuba nje amaSirayeli abandezeleka kunene.

[16] Então, Yahweh levantou juízes, líderes que os libertaram das mãos daqueles que os atacavam para saquear.

[16]Noko ke uNdikhoyo amaSirayeli wawanika iinkokheli ezawasindisayo kwabo babewahlasela bewaphanga.

[17] Mas não escutavam nem mesmo aos seus juízes, e se prostituíram a outros deuses, e se prostraram diante deles. Depressa se afastaram do Caminho que seus pais haviam seguido, obedientes aos mandamentos do SENHOR, e não acompanharam a devoção de seus antepassados.

[17]Kambe ke wona amaSirayeli zange azikhathalele ezo nkokheli. Ewe kaloku, uSirayeli suka waqhogana nathixo bambi endaweni kaNdikhoyo. Ooyise bona babeyithobele imiyalelo kaNdikhoyo, kodwa sona isizukulwana esitsha sisuke saphuma kwelo khondo.

[18] Quando Yahweh lhes suscitava juízes, o SENHOR estava com estes líderes e os salvava das mãos dos seus inimigos durante todo o tempo em que vivia o juiz escolhido, porquanto o SENHOR se comovia por causa

[18]UNdikhoyo ke wayesithi xa enika amaSirayeli inkokheli ayixhase iwahlangule amaSirayeli ezintshabeni ngalo lonke ithuba lokudla kwayo ubomi. UNdikhoyo wayeba

dos clamores dos israelitas diante da opressão causada por seus perseguidores e dominadores.

[19] Mas, assim que morria o juiz, os israelitas reincidiam em seus erros e se tornavam ainda piores do que os seus pais. Seguiam a outros deuses, serviam-nos e se prostituíam perante eles, e em nada renunciavam às más obras praticadas e o caminho obstinado que trilhavam.

[20] A ira do SENHOR se inflamou então contra todo o povo de Israel e Ele declarou: “Considerando que este povo transgrediu a Aliança que Eu havia estabelecido a seus antepassados e não escutou a minha voz,

[21] também Eu não expulsarei mais de diante dos israelitas nenhuma das nações que Josué deixou ficar quando morreu.

[22] A fim de, por meio delas, submeter Israel à prova, para ver se aprenderá a guardar o Caminho de Yahweh e se andará nele como o fizeram os seus antepassados!”

[23] Esse é o motivo porque o SENHOR permitiu a essas nações a ficarem na terra e não teve pressa de as expulsar e nem as entregou nas mãos de Josué.

Juízes 3

Servidão dos israelitas sob Cusã, rei da Síria ou Arã

[1] Eis, portanto, as nações que o SENHOR permitiu ficar na terra, a fim de por elas submeter Israel à prova, todos os que não tinham passado por nenhuma das guerras de Canaã.

[2] Ele procedeu deste modo com o objetivo de ensinar todos os descendentes dos

nenceba, kuba ayenesingqala egogoza phantsi kweengcinezelo.

[19]Kodwa ke kwakusithi yakubhubha inkokheli leyo, amaSirayeli abuyele kwesezolo, abe nesimo esilumezayo kunesooyise. Ayebusa anqule thixo bambi, engavumi ukwahlukana neenkani zawo, alumleke kwezo ndlela zawo zigwenxa.

[20]UNdikhoyo ke wayesuka abe nomsindo, athi: “Esi sizwe siwaphule umnqophiso endayalela ooyise-mkhulu ukuba siwuthobele. Ngoko ke, ngenxa yokuba singandithobeli,

[21]nam andiyi kuba sazigxotha ezi zizwe zashiyekayo ukufa kukaYoshuwa.

[22]Ndiya kuwalinga ngazo amaSirayeli, ndibone ukuba akayi kuhamba ngeendlela zam na, andithobele njengooyise-mkhulu.”

[23]Ngoko ke uNdikhoyo izizwe ezasalayo waziyeka apho kwelo lizwe. Kaloku uNdikhoyo ezi zizwe akazigxothanga ngokukhawuleza ngokuzinikela esandleni sikaYoshuwa.

Iinkokheli 3

Izizwe eziseleyo

[1] UNdikhoyo washiya izizwe ezithile ukuze zibe luvavanyo kumaSirayeli awayengekangeni ezimfazweni kwelaseKanana.

[2]Le nto ke wayenza kuba efuna ukuzifundisa ngemfazwe zonke izizukulwana

israelitas a arte da guerra, pois não tinham tido experiência anterior de combate.

3 Os povos que permaneceram na terra foram: os cinco governantes dos filisteus, todos os cananeus, os sidônios e os heveus que viviam nos montes do Líbano, desde o monte Baal-Hermom até Lebo-Hamate.

4 Esses povos foram deixados na terra para servirem ao propósito de submeterem Israel à prova, a fim de ficar notório se obedeceriam aos mandamentos que Yahweh ordenara aos seus antepassados por intermédio de Moisés.

5 E os filhos de Israel habitaram no meio dos cananeus, dos hititas, dos amorreus, dos ferezeus, dos heveus e dos jebuseus,

6 desposaram as filhas destes povos, deram os seus próprios filhos em casamento às filhas deles e passaram a cultuar aos seus deuses.

7 Os filhos de Israel fizeram o que é mau aos olhos do SENHOR. Esqueceram a Yahweh seu Deus para adorar e servir aos baalins e aos postes ídolos da deusa Asherá.

8 Então a ira do SENHOR se inflamou contra Israel, e os entregou nas mãos de Cushan Rishatáim, rei da Mesopotâmia, por quem os israelitas foram vencidos e escravizados durante oito anos.

Otniel livra-os

9 Então os filhos de Israel clamaram a Yahweh, e o SENHOR lhes enviou um salvador que os libertou da opressão. Esse homem foi Otniel ben Kenaz, Otoniel filho de Quenaz, o irmão mais novo de Calebe.

zamaSirayeli ezivelayo, ngakumbi ke ezo zazingazange zibe semadabini ngaphambili.

3Iintlanga ezasala kwelo lizwe ke yaba ngamaFilistiya neenkosi zawo ezintlanu, namaKanana ephela, namaSidon, namaHivi awayehlala kwiintaba zeLebhanon ukusuka kwintaba iBhali-hermon ukuya kuthi xhaxhe ngenkalo yeHamati.

4Zashiyelwa ukuba kuvavanywe amaSirayeli, khon' ukuze acace ukuba azimisele na ukuyithobela imimiselo eyanikezelwa nguNdikhoyo kookhokho bawo ngoMosis.

5Ngoko ke amaSirayeli ema phakathi kwamaKanana, amaHiti, ama-Amori, amaPerezi, amaHivi, namaJebhusi.

6AmaSirayeli endiselana nazo ezi ntlanga, anqula nezithixo zazo.

UOteniyeli

7AmaSirayeli amlibala uNdikhoyo uThixo wawo, akreqa kuye, anqula ooBhali nooAshera.

8Ngoko ke uNdikhoyo waba nomsindo, waza wawayekela ngokumkani uKushan-rishatayim waseAram-naharayim,wawoyisa, aba phantsi kwakhe iminyaka esibhozo.

9Ke kaloku amaSirayeli adanduluka akhala kuNdikhoyo, waza ke yena wawathumela umkhululi. Lowo ke yayinguOteniyeli unyana kaKenazi umninawe omncinci kaKalebhi.

[10] O Espírito de Yahweh, o SENHOR Deus, veio sobre ele para guiá-lo, de modo que pôde liderar os filhos de Israel e foi à guerra. O SENHOR entregou Cushan Rishatáim, rei da Mesopotâmia, nas mãos de Otoniel, que o venceu e dominou seu povo.

[11] E a terra descansou e experimentou a paz por quarenta anos, até a morte de Otoniel, filho de Quenaz.

Servidão sob Eglom

[12] Depois da morte de Otoniel, o povo de Israel recomeçou a praticar o que era mau aos olhos de Deus. Por este motivo o SENHOR fez com que Eglom, rei de Moabe, se tornasse mais poderoso que os israelitas.

[13] Eglom conseguiu estabelecer uma aliança com os amonitas e com os amalequitas, marchou contra Israel, derrotou-o e tomou-lhe Jericó, a Cidade das Palmeiras.

[14] Os filhos de Israel foram dominados e serviram a Eglom, rei de Moabe, durante dezoito anos.

Eúde livra-os

[15] Então, outra vez, os filhos de Israel clamaram a Yahweh, e o SENHOR lhes suscitou um salvador chamado Ehud, Eúde, homem canhoto, filho do benjamita Gera. Por seu intermédio os israelitas enviaram o pagamento de tributos a Eglom, rei de Moabe.

[16] Eúde havia confeccionado uma espada de dois gumes, com quarenta e cinco centímetros de comprimento, e a tinha amarrado junto a coxa direita, debaixo da roupa.

[17] Foi, mais tarde, levar o tributo a Eglom, rei de Moabe, homem muito gordo.

[10]Ke kaloku uOteniyeli wonganyelwa nguMoya kaNdikhoyo, waza waba yinkokheli yamaSirayeli. UOteniyeli waya emfazweni, wathiwa jize ngoloyiso nguNdikhoyo, wamoyisa ukumkani uKushan-rishatayim waseAram.

[11]Kwalandela amashumi amane eminyaka yoxolo ke apho, wada wafa uOteniyeli unyana kaKenazi.

UEhudi

[12]Aphinda amaSirayeli akreqa kuNdikhoyo. Ngenxa yeso sizathu ke uNdikhoyo womeleza uEglon ukumkani wamaMowabhi, waqina kunawo.

[13]UEglon ke wadibana nama-Amon nama-Amaleki, baza bawahlasela amaSirayeli, basithatha isiXeko samaSundu.

[14]AmaSirayeli ke aba phantsi koEglon ukumkani wamaMowabhi iminyaka elishumi elinesibhozo.

[15]Aphinda amaSirayeli akhala kuNdikhoyo, waza ke yena wawathumela umkhululi uEhudi, inxele, unyana kaGera wendlu kaBhenjamin. AmaSirayeli athumela uEhudi kukumkani uEglon waseMowabhi, emphathele umrhumo.

[16]Ke uEhudi wazenzela isabile ebazwe macala, ingamashumi amahlanu eesentimitha ubude. Wayibophelela kwithangá lakhe lasekunene phantsi kwempahla.

[17]Wawuthatha ke umrhumo lowo, waya nawo kuEglon, umfo owayemkhulu ngesiqu, etyebile.

[18] Uma vez entregue o tributo, Eúde dispensou os carregadores.

[19] Entretanto, ele voltou do lugar onde estavam os ídolos de pedra, próximo a Guilgal, para dizer ao rei: "Ó rei, trago uma mensagem secreta para lhe entregar!" Então o rei ordenou: "Silêncio!", e todos os que se achavam ao redor do rei saíram.

[20] O rei ficou só, assentado em sua cadeira real na sala de verão, no terraço. Eúde chegou bem perto dele e esclareceu: "Trago uma mensagem de Deus para ti, ó rei!" Imediatamente o rei se levantou do trono.

[21] Então, rapidamente, Eúde estendeu a mão esquerda, apanhou a espada de sua coxa direita e cravou-a na barriga do rei.

[22] Tão violento fora o golpe que toda a lâmina e o cabo da espada penetraram no ventre do rei, e a gordura se fechou sobre a espada sem que Eúde pudesse retirá-la.

[23] Então Eúde saiu pelo corredor, tendo fechado atrás de si as portas da sala de cima e trancado o ferrolho.

[24] Assim que ele saiu, chegaram os servos e encontraram trancadas as portas da sala superior, e imaginaram: "Ele deve estar aliviando o ventre no banheiro de sua sala privativa!"

[25] Aguardaram muito tempo, porquanto nem sempre o rei abria as portas do cômodo superior. Por fim, cansados de esperar, tomaram a chave e as abriram. E lá estava o seu senhor, caído no chão, morto!

[26] Durante o tempo em que os servos ficaram esperando, Eúde escapara. Passou

[18]Wathi ke, akuba ewunikezele umrhumo lowo, uEhudi wawandulula loo madoda ayemphathisile, agoduka.

[19]Kambe ke yena wajika ngakwimifanekiso yezithixo ekufuphi neGiligali, wabuya waya kuEglon, wafika wathi kuye: "Mhlekazi, ndicela khe sihlinz' impuku." Ngoko ke ukumkani wathi: "Shenxani!" Zaphuma ke izicaka zakhe.

[20]Wathi ke esahleli apho kwelo gumbi lakhe lokuphola, likumgangatho ophezulu, suka uEhudi wonda ngaye, wathi: "Ndinomyalezo wakho ovela kuThixo." Ke yena ukumkani wema ngenyawo.

[21]Ngesandla sasekhohlo uEhudi warhola isabile yakhe apho wayeyifihle khona ethangéni lakhe lokunene, wayimilisela kweso sisu sikakumkani.

[22]Yatshona yonke nywam nesiphatho sayo, yawagramza ayifihla loo mateketeke amanqatha. UEhudi wayiyeka apho, waza ke yena waya kuphuma ngasemva,

[23]waluvala ucango, watshixa,

[24]wemka. Izicaka ke zeza, zaza zakusondela zabona tyhini iingcango zitshixiwe, zacinga ukuba fana ukumkani ulapho ngaphakathi, ese.

[25]Zakha zalinda umzuzu omde ucango lungavulwa. Zada zancama, zathatha izitshixo, zavula. Tyhini! Nanko umhlekazi ethe gangalala apho phantsi, itshoba lilel' umbethe.

[26]Zathi zisathingaza izicaka zikakumkani, wesuka wemka yena uEhudi, waya kugqitha

novamente pelo local das imagens de pedra e chegou com segurança a Seirá.

[27] Assim que entrou na cidade, tocou o Schofar, a trombeta, nas montanhas de Efraim, e os israelitas descerem dos montes, com ele à sua frente.

[28] E ordenou-lhes: “Segui-me, porque o SENHOR entregou o vosso inimigo, Moabe, nas vossas mãos!” Israel o seguiu, pois, e tomaram posse dos vaus, das passagens, do Jordão que conduziam a Moabe e não permitiram ninguém atravessar o rio.

[29] Naquela oportunidade mataram aproximadamente dez mil moabitas, todos eles homens fortes e valentes; mas nem um só escapou com vida.

[30] Naquele dia Moabe foi vencido por Israel, e a terra experimentou um tempo de paz que durou oitenta anos.

[31] O juíz e líder que se seguiu a Eúde chamou-se Shamgar ben Anat, Sangar filho de Anate. Ele exterminou seiscentos filisteus com um simples aguilhão de manejar bois. E assim ele também foi considerado um libertador do povo de Israel.

Juízes 4

Servidão sob Jabim, rei de Canaã

[1] E aconteceu que logo depois da morte de Eúde, novamente os filhos de Israel praticaram o que Yahweh, o SENHOR condena.

[2] Assim o SENHOR Deus os entregou nas mãos de Jabim, rei de Canaã, que dominava em Hazor. O comandante do seu exército

kuloo mifanekiso yezithixo, waya kutsho eSeyira.

[27]Wathi akufika kweleentaba lakwaEfrayim wavuthela isigodlo, ahlangana amaSirayeli, wawakhokela wehla nawo kwezo nduli.

[28]Wathi kuwo: “Yizani! UNdikhoyo uzinikele ezandleni zenu iintshaba zenu amaMowabhi.” Ngoko ke amaSirayeli ehla, ekhokelwa nguEhudi, aza awalalela amaMowabhi emazibukweni ayeza kuyiwela ngawo iJordan; avala ke apho, akwawela nendoda enye le.

[29]Ngaloo mihla ke abulala kwisithuba seshumi lamawaka awona majoni omeleleyo anobukroti omkhosi wamaMowabhi; zange kusinde nelinye.

[30]Ewe, ngaloo mihla amaSirayeli awoyisa amaMowabhi, kwaza ke kwalandela iminyaka yenzolo engamashumi asibhozo.

UShamgare

[31]UEhudi walandelwa nguShamgare unyana ka-Anati. Naye ke wawakhulula amaSirayeli. Wabulala amaFilistiya angamakhulu amathandathu ngesixhobo sokuqhuba iinkomo esifana nomkhonto.

Iinkokheli 4

UDibhora noBharaki

[1]Akuba engasekho uEhudi amaSirayeli aphinda akreqa kuNdikhoyo.

[2]Ngoko ke uNdikhoyo wawayekela oyiswa nguJabhin, ukumkani wamaKanana owayehlala eHazore. Injengele yomkhosi

era Sísera, que habitava em Harosete-Hagoim.

[3] Os israelitas se lamentaram e clamaram a Yahweh, porque Jabim, que possuía novecentos carros de ferro, os estava subjugando há vinte anos.

Débora e Baraque os livram

[4] Nesta época, Deborah, Débora, uma profetiza, casada com Lapidote, julgava e liderava Israel.

[5] Ela assentava-se debaixo da conhecida Tamareira de Débora, que ficava entre Ramá e Betel, nas montanhas de Efraim, e os filhos de Israel costumavam vir até ela para que ajuizasse sobre suas causas e questões.

[6] Certa ocasião Débora mandou chamar Barac bem Avinôam, Baraque filho de Abinoão, da cidade de Kédesh, Quedes, da tribo de Naftali, e lhe declarou: “Yahweh, Deus de Israel, em verdade te ordena: ‘Prepara-te! Toma contigo dez mil homens dentre os filhos de Naftali e os filhos de Zebulom e vai ao monte Tabor.

[7] Eis que farei com que Sísera, o chefe do exército de Jabim, marche com seus carros e as suas tropas até o rio Quisom a fim de guerrear contra ti, contudo Eu os entregarei em tuas mãos e tu os vencerás!”

[8] Então Baraque rogou a Débora: “Se tu vieres comigo, eu irei, mas se não vieres comigo, também eu não marcharei!”

[9] Ao que Débora lhe assegurou: “Que seja como pedes! Certamente irei contigo. Contudo, não será tua a glória desta empreitada, porque o SENHOR entregará

wakhe yayinguSisera owayehlala eHarosheti-hagoyim.

[3]UJabhin lo ke wayenamakhulu alithoba eenqwelo ezenziwe ngentsimbi. AmaSirayeli wawaphatha gadalala isithuba samashumi amabini eminyaka. AmaSirayeli ke asuka azibika kuNdikhoyo.

[4]Ke kaloku umshumayelikazi uDibhora umka-Lapidoti waba yinkokheli kwaSirayeli ngelo thuba.

[5]Inkundla yakhe yayiphantsi komthi wesundu ekwakusithiwa ngokaDibhora kweleentaba lakwaEfrayim phakathi kweRama neBhetele. Ke wona amaSirayeli ayesiya kuye ukuze awacombululele imicimbi yawo.

[6]UDibhora wathumela wabiza uBharaki unyana ka-Abhinowam eKedeshe kwaNafetali. Wathetha naye wathi: “Nanku umyalelo ophuma kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli: Qokelela ishumi lamawaka amadoda kwaNafetali nakwaZebhulon, uhambe nawo uye kwintaba iTabhore.

[7]Ke mna ndiya kumenza uSisera, injengele yomkhosi kaJabhin, eze kuwe kumlambo iKishon. Uya kuba exhobile, eneenqwelo namabutho akhe, kodwa ke ndiya kumnikela esandleni sakho.”

[8]UBharaki ke waphendula wathi: “Kulungile, ukuba siza kuhamba kunye, kodwa ukuba akuyi wena, nam andiyi.”

[9]Ke yena wathi: “Ewe, ukuhamba oku ndiya kuhamba, kodwa ke uze wazi ukuba udumo lwale mfazwe aluyi kuza kuwe, kuba uNdikhoyo uya kumnikela emfazini uSisera

Sísera nas mãos de uma mulher!”. E levantando-se prontamente, partiu Débora com Baraque em direção a Quedes,

lowo.” Ngoko ke uDibhora waya eKedeshe ehamba noBharaki.

10 onde Baraque convocou as tribos de Zebulom e Naftali e separaram dez mil homens que os seguiram, e Débora marchou ao lado de Baraque.

10UBharaki wazibizela eKedeshe izizwe zakwaZebhulon nakwaNafetali. Wahamba neshumi lamawaka lamadoda, ekhatshwa nguDibhora.

11 Entrementes, o queneu Héber tinha se separado dos demais queneus e do clã dos filhos de Hobabe, sogro de Moisés, e tinha armado a sua tenda perto do Carvalho de Tsaanáim, que localiza-se nas proximidades de Quedes.

11Ngaloo mihla uHebhere umKeni wayemise intente yakhe eKedeshe kufuphi nomthi omkhulu wom-oki eZananim. Yena wafuduka kumawabo, inzala kaHobhabhi usibali kaMosis.

12 Anunciaram a Sísera que Baraque, filho de Abinoão, havia subido ao monte Tabor.

12Akuxelelwa uSisera ukuba uBharaki unyana ka-Abhinowam unyuke intaba iTabhore,

13 Sísera convocou todos os seus carros de guerra, novecentos carros de ferro, e todas as suas tropas, de Harosete-Hagoim ao rio Quisom.

13wawuqokelela umkhosi wakhe, amakhulu alithoba eenqwelo, nawo onke amadoda akhe, wawakhupha eHarosheti-hagoyim, waya nawo kumlambo iKishon.

14 Então Débora afirmou a Baraque: “Dispõe-te, porque este é o dia em que o SENHOR entregou Sísera nas tuas mãos. Porventura não marchou Yahweh à tua frente?” Em seguida, pois, Baraque desceu do monte Tabor, e dez mil soldados, após ele.

14UDibhora ke wathi kuBharaki: “Phambili! UNdikhoyo uyakukhokela. Yiyo le imini amnikele ngayo esandleni sakho uSisera.” Wehla ke uBharaki apho entabeni iTabhore, enelo shumi lamawaka amadoda.

15 Yahweh encheu de pânico a Sísera, e aniquilou todos os seus carros de ferro e todo o seu numeroso exército, diante de Baraque. E Sísera saltou do seu carro de ferro e fugiu a pé.

15Akuhlasela uBharaki, uNdikhoyo wamtsho wadideka uSisera ndawonye naloo mkhosi wakhe uneenqwelo. USisera ke wehla kuloo nqwelo yakhe, wabaleka ngeenyawo.

16 Baraque perseguiu os carros de guerra e os soldados inimigos até Harosete-Hagoim. Todo o exército de Sísera foi morto ao fio da espada; não sobrou um só adversário vivo.

16Lo mkhosi uneenqwelo ke uBharaki wawusukelisa, wesa eHarosheti-hagoyim. Umkhosi kaSisera watshatyalaliswa wonke, akwasala nempunde le.

[17] Sísera, contudo, fugiu a pé em direção à tenda de Jael, esposa de Héber, o queneu, porquanto havia paz entre Jabim, rei de Hazor, e o clã do queneu Héber.

[17]USisera wabalekela ententeni kaJayeli, umka-Hebhere umKeni, kuba ukumkani uJabhin waseHazore wayevana nendlu kaHebhere.

Jael mata a Sísera

[18] Saindo Jael ao encontro de Sísera, ofereceu-lhe: "Entra, senhor meu, entra na minha tenda, não temas!" Ele prontamente aceitou-lhe o convite, e ela o cobriu com um tecido.

[18]UJayeli waphuma wahlangabeza uSisera, waza wathi kuye: "Yiza, mhlekazi; ngena apha kwam, ungoyiki." Wangena ke, waza uJayeli wamfihla ngaphaya komkhusane.

[19] Então, ele lhe rogou: "Dá-me, peço-te, de beber um pouco de água, porque tenho sede." Ela abriu um recipiente feito de couro que continha leite, deu-lhe de beber, e o cobriu de novo.

[19]Wathi kuye: "Khawuncede undiphe amanzi; ndinxaniwe." Ke yena wamthululela amasi entsubeni, wamnika wasela, waza waphinda wamqhusheka.

[20] E Sísera recomendou à mulher: "Põe-te alerta à entrada da tenda; e há de ser que, se vier alguém e te perguntar: há alguém aqui?, responde imediatamente: Não!

[20]USisera wathi: "Yima emnyango. Xa kukho umntu obuzayo ukuba akungenanga ndoda na apha ententeni, yithi: 'Hayi.' "

[21] Então, Jael, esposa de Héber, tomou uma estaca da tenda, e lançou mão de um martelo, e foi-se mansamente a ele, e lhe cravou a estaca na têmpora, atravessando-lhe a cabeça até fincar na terra. Ele dormia profundamente, vencido pelo cansaço, e assim morreu.

[21]USisera wasuka wee yoyi bubuthongo. Ke yena uJayeli wathatha isando nesikhonkwane sentente, wachwechwa waya kuye, wafika wabethelela isikhonkwane eso entloko kuSisera, saza saya kuphumela kwelinye icala, wafa ke uSisera.

[22] E eis que surge Baraque perseguindo a Sísera. Jael saiu ao seu encontro e anunciou-lhe: "Vem e te mostrarei o homem que procuras!" Ele entrou com ela e contemplou Sísera caído, morto, com a estaca atravessada nas têmporas.

[22]Wathi akufika uBharaki, esukela uSisera, uJayeli waphuma wamhlangabeza, wathi kuye: "Yiz' apha ndikubonise lo mntu umfunayo." Wangena naye ke uBharaki, waza wamfumana uSisera edunduluze apho ententeni efile, isikhonkwane sentente sibethelelwe entloko.

[23] Assim Deus derrotou humilhantemente naquele dia a Jabim, rei de Canaã, perante todo o exército de Israel.

[23]Ngaloo mini ke uThixo amaSirayeli wawoyisela uJabhin ukumkani wamaKanana.

[24] A mão dos filhos de Israel pesava cada vez mais duramente sobre Jabim, rei de Canaã, atacando-os sem parar, cada vez com mais força, até que finalmente exterminaram todo o povo de Jabim, rei de Canaã.

[24]Amandla amaSirayeli aya esanda ngokwanda ukuba ngqongqo kuJabhin, ada amtshabalalisa.

Juízes 5

O cântico de Débora

[1] Naquele dia Débora e Baraque, filho de Abinoão, cantaram as palavras desta poesia:

[2] “Os chefes de Israel consagraram-se para a grande batalha. De boa vontade todo o povo se apresentou para lutar. Louvai a Yahweh, o SENHOR!

[3] Ó reis, ouvi! Ó príncipes, escutai! A Yahweh celebrarei, e sobre Yahweh comporei e cantarei. Yahweh,o Deus de Israel.

[4] Ó SENHOR quando saíste de Seir, quando marchaste desde os campos de Edom, a terra estremeceu, os céus se esvaíram em gotas, e as nuvens desfizeram-se em chuva.

[5] As montanhas tremeram diante do SENHOR, o Deus do Sinai, perante Yahweh, o Deus de Israel.

[6] Nos dias de Sangar, filho de Anate, nos dias de Jael, os caminhos retos estavam desertos, e os viajantes usavam atalhos tortuosos.

[7] Os guerreiros de Israel haviam desaparecido, já tinham desistido de lutar, até que te levantaste, ó Débora; até que levantaste para ser mãe de Israel!

[8] No dia em que escolheram-se novos deuses, eis que a guerra chegara às portas, e

Iinkokheli 5

Ingoma kaDibhora noBharaki

[1]Ngaloo mini ke uDibhora noBharaki unyana ka-Abhinowam bahlabela le ngoma:

[2]AmaSirayeli atyeda ngokuzimisela; abantu basukela phezulu ngokuzinikela! Dumisani uNdikhoyo, nina mafa-nankosi!

[3]Inzwi kuni, nina bokumkani! Khanithi cwaka ke nani, matshawe, khe ndidanduluke ngengoma nombongo, khe ndimemelele nditsho ngoncuthu, ndidumis' uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

[4]Wena Ndikhoyo, wathi wakuphuma kwaSeyire, mhla wandolos' ushiy' iEdom, suk' umhlaba wanyikima, az' amazulu anyembezana, ke won' amaf' achaphaz' amanzi.

[5]Ewe, iintaba zasuka zaqhaqhazela phay' eSinayi phambi koNdikhoyo; nditsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli!

[6]Ngemihla kaShamgare unyana ka-Anati, nditsho ngezo mini zikaJayeli, abahambi banqaba bada banqamka, abantu sebegwegweleza ngezaa ndlela.

[7]Emaphandleni kwakukhal' ibhungane, iilali zakwaSirayeli zazingamaphanga, de kwavela mna Dibhora njengesikhukukazi.

[8]Suka bathatha thixo bambi, yaz' imfazwe yamrhewula uSirayeli. Kweso sine

não se podia ver um só escudo ou lança entre os quarenta mil homens de Israel.

samawak' amaSirayeli, ikhaka nomkhonto zange ziphakanyiswe.

[9] Ora, o meu coração está com os comandantes de Israel, com os voluntários dentre o povo. Louvai ao SENHOR!

[9]Kuthi mandityibele ndityondyothele kwezo ngqwayi-ngqwayi zikaSirayeli, ndibong' amatsha-ntliziyo ngokuzilahlela ngokuzinikela. Dumisani uNdikhoyo, nina mafa-nankosi!

[10] Vós que cavalgais sobre alvos jumentos, que se assentam sobre ricas selas, que percorrem livremente pelas estradas, considerai!

[10]Nina bakhwel' iidonki ezimhlophe; nina bahlala kwezingayiway' iisali, ngokunjalo nani bahamba ngeenyawo, zinyamekeleni ezi zinto, nicamngce ngazo.

[11] Escutai! É uma multidão que grita mais alto do que os distribuidores de água junto aos bebedouros, declarai todos os atos do SENHOR: justos feitos em favor dos cidadãos de Israel! Então o povo do SENHOR pode descer para as suas cidades.

[11]Khawuve ke, nal' ugwijo lweemvum' emaquleni! Zibhiyozel' uloyiso lukaNdikhoyo: uloyiso lwabantu bakh' amaSirayeli. Suk' abantu bakaNdikhoyo bangqisha, benjenjeya ukuya emasangweni.

[12] ‘Desperta, Débora, desperta! Acorda, entoa um cântico; levanta-te, Baraque, e leva presos os que te prenderam, tu, filho de Abinoão!’

[12]Vuka! Khawuvuke, Dibhora! Vuka uhlabele ingoma! Phakathi, Bharaki nyana ka-Abhinowam! Uz' ubuy' urhuq' abathinjwa!

[13] Então, os nobres de fé desceram às portas onde estavam os seus chefes, e o povo de Deus, o SENHOR, pronto para lutar, cooperou com Baraque contra a tirania dos poderosos!

[13]Yaza ke yavel' imingqandand' emva kweengqwayi-ngqwayi, abakaNdikhoyo beza kum kunye namagorha.

[14] De Efraim, cujas raízes estão na antiga região de Amaleque, desceram guerreiros; depois de ti, ó Débora, seguiu Benjamim com seus povos. De Maquir desceram comandantes, e de Zebulom, os que conduzem o bastão de comando.

[14]Baphuma kwaEfrayim baya kutsho entilini, ezinyaweni zabo inguBhenjamin namawabo; iingqwayi-ngqwayi zeza ziphuma kwaMakire, zona izithwala-ndwe zivela kwaZebhulon.

[15] Os príncipes de Issacar estavam com Débora; sim Issacar também estava com Baraque. Eles o seguiram rapidamente até o vale. Entretanto, a tribo de Rúben estava

[15]Amatshawe akwaIsakare eza noDibhora; ewe, uIsakare wema noBharaki, bamlandela baya kutsho entilini. Kambe ke amaRubhen esuka athandabuza; ewe, wona esuka amathidala.

dividida; houve grande discussão e conjecturas, e não foram.

[16] Por que te sentaste, ó Rúben, junto às fronteiras? Acaso é para ouvires os que apitam, chamando os rebanhos? Por isso, pela separação de Rúben, que não se aliou aos nobres guerreiros, grandes conjecturas hão de ser levantadas.

[16]Ngani ukuba nisale ezigusheni? Ukuze niv' abelusi bentyontyel' imihlambi? Ewe, amaRubhen asuka athandabuza, ke wona asuka aba mathidala.

[17] Se é porque Rúben estava distante do local da guerra, Gileade também ficava na banda além do Jordão! E Dã, por qual motivo não veio se aliar a nós? Acaso é porque vive junto aos navios? Aser teve razão em não vir, afinal mora no litoral e habita em cidades não muradas.

[17]AmaGiliyadi asala phesheya kweJordan. Ngani na ukuba uDan ashiyeke ezinqanaweni? Yena uAshere wasal' elunxwemeni lolwandle; ewe, walibala ngaselunxwemeni.

[18] O povo de Zebulom arriscou a própria vida ao vir juntar-se a nós, assim como Naftali nas batalhas dos altos campos da região.

[18]AmaZebhulon abeke ubomi babo esichengeni; ngokunjalo namaNafetali adela ukufa emaphandleni.

[19] Os reis vieram e combateram, os reis de Canaã guerrearam em Taanaque, junto às águas de Megido, contudo não conseguiram levar prata alguma, despojo nenhum!

[19]ETanaki ngakwintlambo yeMegido, ookumkani bahlangana khona bangquzulana; ewe, izikumkani zamaKanana zalwa, kodwa akukho ntimbo yasiliva zayifumanayo.

[20] Até mesmo as estrelas lutaram! Deixaram as suas órbitas para pelejarem contra Sísera.

[20]Iinkwenkwezi esibhakabhakeni, zona zihamba ngendlela yazo, nazo zahlasela, zisilwa noSisera.

[21] O rio Quisom os levou, o antigo rio, o rio Quisom. Avante minha alma! Marcha com ousadia e determinação. Sê forte!

[21]Ke zona iimpuphuma zeKishon zabakhukulisa; ewe, iKishon umlambo wakudala. Phambili, yomelela, mphefumlo wam!

[22] Os cascos dos cavalos em seu galope faziam tremer a terra; galopavam, galopavam os seus corcéis.

[22]Iinkabi zamahashe zeza ziqakatha zigqabadula, zingqisha zigqekreza ngezo mpuphu!

[23] 'Maldito seja Meroz, diz o Anjo do SENHOR, amaldiçoai, amaldiçoai os seus habitantes: porquanto não vieram cooperar

[23]Isithunywa sikaNdikhoyo sithi: "Mayibe lishwangusha kwaMerozi! Mababambathwe lilishwa abemi bayo! Kaloku bazibandezile

com Yahweh, pelejar junto ao SENHOR contra os poderosos!'

24 Que Jael seja bendita entre todas as mulheres, Jael, esposa de Héber, o queneu. Seja ela a mais feliz das mulheres que vivem em tendas!

25 Sísera pediu-lhe água: leite ela lhe trouxe, numa taça digna dos príncipes serviu-lhe coalhada.

26 Ela estendeu a mão para apanhar a estaca da tenda, com a mão direita alcançou a marreta dos trabalhadores. Então golpeou Sísera, esmagando-lhe a cabeça, esmigalhou e traspassou suas têmporas.

27 Aos seus pés ele se curvou, desabou e ali ficou prostrado. Onde caiu, ali mesmo ficou, sem vida.

28 À janela a mãe de Sísera se debruçava a contemplava o horizonte, atrás da grade ela queixava-se: "Por que tarda o seu carro tanto a chegar? Por que estão lentos os seus cavalos?"

29 As mais sábias de suas damas de companhia davam-lhe palavras de conforto, e ela repetia para si mesma:

30 "Eles devem estar repartindo os despojos: uma moça, duas moças para cada guerreiro! Finos tecidos bordados e roupas coloridas para Sísera, um enfeite, dois enfeites para o meu pescoço!"

31 Assim perecem todos os teus inimigos, ó Yahweh! Mas todos que te amam brilhem como o sol quando se levanta na sua força!" E a terra experimentou paz e descanso durante quarenta anos.

abamsiza uNdikhoyo; abancedisanga bawadudule amagorha."

24Uthamsanqelekile ke yena uJayeli, umfazi kaHebhere umKeni. Yena yimaz' ehlal' ezintenteni. Hay' ithamsanqa lakho, mfazindini!

25Wath' uSiser' efun' amanzi wamfak' amasi, wamnik' ingqaka ngengayiway' indebe!

26Wathath' isikhonkwane ngesandla, wee hlas' isando ngesinye; hlifi-i-i wamntlekez' uSisera, wasihloma saphumela kolo khakhayi!

27Ewe, wambetha wafinyela wafohleka; wamtsho wanaba tswii ezinyaweni zakhe, wawa waqotha-qotheka ezinyaweni zakhe, suka watoshalaza, yaphel' intw' ibithethwa!

28Unina wankolo-nkoloz' ejong' enkalweni; unakaSisera wanyondl' ezifestileni: "Iinqwelo zakhe zilibele phi, bethu? Ngan' ukuba acothe kangak' amahashe?"

29Intokaz' eyingqondi yamthomalalisa, watsho naye waziv' ethuthuzelekile:

30"Hayi, mhlawumbi baxakeke kukwab' amaxhoba: Imbelukazi, hayi, zimbini kwijoni ngalinye; kuSisera lilaph' elitofo-tofo elimabala-bala, elenkosazana liqhwaqhwalal' eliqhoqhonyiweyo."

31Ewe, siyavuma, Ndikhoyo, makube njal' ukufa kweentshaba zakho! Ke bona abakuthandayo mabaqaqambe njengelanga xa liphumayo! Emva koko ke kwalandela amashumi amane eminyaka yenzolo.

Juízes 6

Servidão sob os midianitas

[1] Novamente o povo de Israel pecou contra Yahweh, o SENHOR, e por este motivo Ele os entregou nas mãos dos midianitas.
[2] E a mão de Midiã se tornou cada vez mais pesada sobre os israelitas; por isso os filhos de Israel construíram para si esconderijos nas montanhas, nas cavernas e nas fortalezas.
[3] Sempre que o povo de Israel formava suas plantações, os midianitas, os amalequitas e outros povos da região a leste deles as invadiam.

[4] Acampavam na terra e devastavam as suas colheitas ao longo de todo o caminho, até o sul, nas proximidades de Gaza. Não deixavam nada vivo em Israel, nem ovelhas, nem gado, nem um jumento sequer.

[5] Eles subiam trazendo os seus animais e suas barracas, e chegavam como enxames de gafanhotos; era uma multidão de guerreiros, impossível de se contar todos os seus homens e camelos. Invadiam a terra com o objetivo de destruir tudo.
[6] Por causa de Midiã, Israel foi reduzido a tamanha miséria que os israelitas passaram a clamar por socorro a Deus, o SENHOR.
[7] Então, quando o povo de Israel rogou a Yahweh por causa dos midianitas,
[8] o SENHOR enviou-lhes um profeta que lhes exortou: “Assim diz Yahweh, o Deus de Israel: ‘Eu vos fiz subir do Egito e vos fiz sair da escravidão!
[9] Eu vos livrei da mão dos egípcios e da mão de todos os que vos oprimiam. Eu os

Iinkokheli 6

UGidiyon

[1]Kwakhona amaSirayeli aphinda akreqa kuNdikhoyo, waza ke wawanikela ezandleni zamaMidiyan iminyaka esixhenxe.
[2]AmaMidiyan la ke ayewaphatha gadalala amaSirayeli. Ngoko ke amaSirayeli azenzela iindawo zokuzimela ezintabeni emiqolombeni nasemaweni ngenxa yokoyika amaMidiyan.

[3]AmaSirayeli ayesithi akulima, afike amaMidiyan nama-Amaleki neentlanga zasempumalanga awahlasele.

[4]Ezi ntlanga zazifika zimise kwimida yamaSirayeli, zizitshabalalise zonke izilimo, ziyokuma ezantsi ngaseGaza. Zazithimba konke okushukumayo: iigusha, iinkomo, needonki, zingawashiyeli nento le amaSirayeli.

[5]Zazisiza nemfuyo, neentente zazo, kutsho kunyakaze ngathi libubu leenkumbi. Lo mkhosi ke ukunye nezo nkamela wawusuka ube yinyambalala. Wawusuka ulitshabalalise ilizwe lonke,

[6-7]kangangokuba ahlwempuzeka amaSirayeli engenakwenza nto. Ngenxa yale mpatho yamaMidiyan ke amaSirayeli azibika kuNdikhoyo.

[8]Ke yena wawathumela umshumayeli owathi: “Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Ndanikhupha eJiputa, ilizwe enaningamakhoboka kulo.
[9]Ndanihlangula kumaJiputa nakwiintlanga ezanicinezelayo kweli lizwe. Ndazigxotha

expulsei de diante de vós e vos concedi a terra onde eles habitavam,

10 e também vos declarei: Eu Sou Yahweh, vosso Deus, o SENHOR! Não temais os deuses e o poder dos amorreus, em cuja terra habitais! Contudo, vós não me destes ouvidos.

O Anjo fala com Gideão

11 O Anjo de Yahweh veio e assentou-se sob o grande carvalho que está em Ofra, que pertencia a Ioash ben Aviézer, Joás filho de Abiezer. E aconteceu que Guidon, Gideão, filho de Joás, estava malhando trigo num tanque de prensar uvas, a fim de ocultá-lo dos midianitas.

12 Então o Anjo do Eterno apareceu a Gideão e lhe saudou: “Yahweh está contigo, valente guerreiro!”

13 Ao que Gideão declarou: “Ai, meu Senhor! Se Yahweh está conosco, por que nos sobrevém toda essa calamidade? Onde estão todas as maravilhas que os nossos pais nos contam quando afirmam: ‘Não nos fez Yahweh subir do Egito?’ Entretanto agora o SENHOR nos abandonou e nos entregou nas mãos de Midiã!”

14 Então o SENHOR olhou para Gideão e lhe ordenou: “Vai com a força que tu tens, vai e liberta o povo de Israel das mãos de Midiã. Ora, não Sou Eu quem te envia?”

15 “Ai de mim, meu Senhor!” Contestou-lhe Gideão. “Como posso salvar a Israel? O meu clã é o mais pobre da tribo de Manassés, e eu sou a pessoa menos importante da minha família!”

xa ningenayo, ndaza ndaninika umhlaba wazo.

10Ndaniyala ndathi: “Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu; ningaze niboyike oothixo bama-Amori enihlala emhlabeni wawo.” Kuloo nto yonke ke anindiphulaphulanga.’ ”

11Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo saya kwilali yaseOfra, safika sahlala phantsi komthi wom-oki owawungokaJowashe, umfo womzi ka-Abhiyezere. Unyana wakhe uGidiyon wayebhula ingqolowa esixovulweni seediliya khon' ukuze angabonwa ngamaMidiyan.

12Isithunywa eso ke sabonakala kuye sathi: “UNdikhoyo unawe, gorhandini lomeleleyo!”

13UGidiyon wathi kuso: “Ngxe, Mhlekazi! Ukuba uNdikhoyo unathi, kungani ukuba sihlelwe zizinto ezinje? Zaya phi eza zigigaba zezinto ezimangalisayo sasihlala sibaliselwa ngazo ngoobawo, kusithiwa uNdikhoyo wayezenza – ezo wazenzayo nasekubakhululeni kwakhe eJiputa? Kungokunje uNdikhoyo usilahlile; usinikele ezandleni zamaMidiyan.”

14UNdikhoyo ke wabheka kuye, wathi: “Hamba ngala mandla unawo, uwasindise amaSirayeli ezandleni zamaMidiyan. Kaloku ndim okugunyazisayo.”

15UGidiyon wathi: “Camagu, Nkosi yam, ndingawahlangula njani na amaSirayeli? Umzi wakowethu ungento nje kwaManase, nam ndingongazelwe nto kowethu nje?”

[16] Mas Yahweh lhe afirmou: “Eis que Eu estarei contigo e tu vencerás os midianitas como se fossem um só homem!”

[17] Contudo, Gideão replicou: “Se encontrei graça aos teus olhos, dá-me um sinal de que és tu quem de fato fala comigo.

[18] Não te afastes daqui, rogo-te, até que eu volte e traga minha oferenda e a deposite diante de ti!” E o SENHOR respondeu: “Esperarei até que voltes.”

[19] Gideão foi para casa, preparou um cabrito, e com um efá, cerca de vinte quilos, de farinha, fez pães sem fermento. Pôs a carne num cesto e o caldo numa panela, trouxe-os à sombra do grande carvalho e os ofereceu a Ele.

[20] E o Anjo do SENHOR lhe ordenou: “Toma a carne e os pães sem fermento e coloca-os sobre esta pedra e derrama o caldo sobre eles.” E Gideão assim fez.

[21] Então o Anjo do SENHOR estendeu a ponta do cajado que trazia em uma das mãos e tocou a carne e os pães sem fermento. Então brotou fogo da rocha e consumiu a carne e todos os pães sem fermento, e o Anjo do SENHOR desapareceu.

[22] Assim que Gideão concluiu que realmente vira o Anjo de Yahweh, exclamou com grande temor: “Ai de mim, ó SENHOR, meu Deus! Eis que vi o Anjo de Yahweh face a face!”

[23] Então o SENHOR assegurou-lhe: “A paz esteja contigo! Não temas, porquanto não morrerás!”

[16]UNdikhoyo waphendula wathi: “Ndiya kuba nawe. AmaMidiyan uya kuwatshayela, abe ngathi kuwe angumntu omnye.”

[17]UGidiyon waphendula wathi: “Ukuba ungakum, nceda undenzele umqondiso wokuba nguwe Ndikhoyo lo uthetha nam.

[18]Nceda, sukumka de ndibuye nomnikelo, ndiwubeke phambi kwakho.” Saphendula sathi: “Hayi ke, ndiza kuhlala apha ude ubuye.”

[19]UGidiyon ke waya kuxhela ibhokhwe esencinci, wayipheka. Wenza nesonka ngomgubo oziikhilogram ezilishumi. Intlama leyo zange ayidibanise nagwele. Inyama leyo wayifaka ebhaskitini, waza wawuphatha ngembiza umhluzi; waya nazo ezo zinto kwisithunywa sikaNdikhoyo esasiphantsi komthi wom-oki.

[20]Ke sona sathi kuye: “Inyama leyo nesonka zibeke phezu kweli litye, uzigalele umhluzi.” Wenjenjalo ke uGidiyon.

[21]Ke sona isithunywa eso sachukumisa inyama leyo nesonka ngentonga esasiyiphethe. Kwaqhambuka umlilo elityeni, wayilenya inyama leyo kunye nesonka eso. Emva koko isithunywa saphel' emehlweni.

[22]Waqonda ke uGidiyon ukuba sisithunywa sikaNdikhoyo esi asibonileyo. Wavakala esithi: “Yhuu, Ndikhoyo, Ngangalala! Isithunywa sikaNdikhoyo ndisibone ubuso ngobuso!”

[23]Waphendula ke uNdikhoyo wathi: “Xola, ungatatazeli; awuzukufa.”

[24] Gideão ergueu ali um altar em honra a Yahweh e o chamou: Javé Shãlôm, O SENHOR é a nossa Paz. E até nossos dias este altar está em Ofra, cidade que pertence às famílias de Abiezer.

[22]Kambe iinwele zakhe zaphinda zakhula.

Ukufa kukaSamson

[23]Izikhulu zamaFilistiya zahlanganisana zabhiyoza, zisenzela uthixo wazo uDagoni isiyikayika sedini. Zadanduluka zathi: “Uthixo wethu ulunikele esandleni sethu utshaba lwethu uSamson!”

[24-25]Kwathi xa kumnandi apho kwelo theko, zathi: “Yizani noSamson, eze kusonwabisa!” Bathi ke bakumkhupha uSamson entolongweni, bahlekisa ngaye, bammisa phakathi kweentsika. Abantu ke bakumbona uSamson badumisa uthixo wabo, bathi: “Uthixo wethu ulunikele esandleni sethu utshaba lwethu oluzise intshabalalo kwilizwe lethu, lwabulala abantu bethu abaninzi kangaka!”

[26]USamson wathetha nomfana owayemrhola, wathi: “Khawume khe ndizive iintsika zesi sakhiwo. Ndifuna ukwayama ngazo.”

[27]Indlu leyo ke yayizele ngamadoda nabafazi. Zonke izikhulu zamaFilistiya zazilapho; bebonke abantu babekwisithuba samawaka amathathu, beseluphahleni, bembukele behlekisa ngoSamson.

[28]Ke kaloku uSamson wazibika kuNdikhoyo, wathi: “Ndikhoyo, Nkosi yam, ndikhumbule; nceda, Thixo wam, khawubuyise amandla am okwesi sihlandlo nje sodwa, ukuze ndiziphindezele

29 Imediatamente Sansão forçou as duas colunas centrais sobre as quais o templo todo se firmava. Apoiando-se nelas, tendo a mão direita numa coluna e a esquerda na outra,

30 exclamou: “Que eu morra com os filisteus!” Em seguida ele as empurrou com toda a sua extraordinária força, e o templo desabou de uma só vez sobre os governadores e todas as pessoas que ali se reuniam. Portanto, Sansão matou mais gente no momento da sua morte do que em toda a sua vida.

31 Os irmãos de Sansão e toda a família do pai de Sansão foram buscar o seu corpo. Eles o levaram e o sepultaram nas terras que ficam entre Zorá e Estaol, no túmulo de Manoá, seu pai. Sansão foi juiz e chefe de Israel durante vinte anos.

Juízes 17

Mica e o ídolo da sua casa

1 Havia um homem chamado Mihá, Mica, que habitava na região montanhosa de Efraim.

2 Em um certo dia ele confessou à sua mãe: “Aqueles teus treze quilos de prata, a propósito dos quais ouvi como pronunciaste uma maldição contra o ladrão, estão aqui comigo, eu os furtei!” Sua mãe então exclamou: “Seja o meu filho bendito de Yahweh!”

3 E assim que ele devolveu os treze quilos de prata a sua mãe, ela prometeu: “Ofereço solenemente minha prata ao SENHOR para

kumaFilistiya ngenxa yesenzo sawo sokundikhupha amehlo.”

29Ke uSamson wafikelela kwiintsika ezisesizikithini sesakhiwo eso. Wabamba yanye ngesokunene, enye wayibamba ngesokhohlo;

30waza wadanduluka wathi: “Mandife kunye namaFilistiya!” Wazisunduza ngamandla akhe onke – folokohlo didli! Sadilika isakhiwo; zafela apho ezo zikhulu ndawonye nabo bonke ababekhona. Ekufeni kwakhe uSamson wabulala abantu abaninzi ngaphezu kwabo wababulala esadl' ubomi.

31Ke kaloku abantakwabo nawo onke amawabo baya kuwuthatha umzimba wakhe, bagoduka nawo. Bamfihla kwingcwaba likayise uManowa phakathi kweZora ne-Eshtawoli. Waba yinkokheli yamaSirayeli iminyaka engamashumi amabini.

Iinkokheli 17

UMika nomLevi

1Kwakukho ndoda ithile igama linguMika. Yayimi kweleentaba kwaEfrayim.

2Yathetha nonina, yathi: “Ngokuya wawubelwe ishumi elinanye leesiliva ndakuva ushwabula. Kambe ke ikum loo mali; yathathwa ndim.” Unina wamsikelela, wathi: “ UNdikhoyo makakuthamsanqele, nyana wam.”

3Waza ke unyana lowo wayibuyisela kunina loo mali. Ke yena unina wathi: “Le mali ngoku yekaNdikhoyo; ndiyinikezela kuye

que meu filho faça uma imagem esculpida e um ídolo de metal. Por isso eu te devolvo a prata!”

ukuze unyana wam aqingqe umfanekiso, utyatyekwe ngesiliva, kwanomfanekiso otyhidiweyo. Ngoko ke le siliva ndiyibuyisela kwakuwe.”

4 Ele, porém, não quis ficar com a prata e devolveu tudo a sua mãe, e ela separou duzentas moedas, ou seja, dois quilos e quatrocentos gramas de prata, e os deu a um ourives, que das peças de prata confeccionou a imagem e o ídolo. E estes foram colocados na casa de Mica.

4Imali leyo wayibuyisela kunina ke, yena wathatha amakhulu amabini kuloo siliva, wawanika ingcibi, eyakrola umfanekiso otyatyekwe ngesiliva, yenza nomnye otyhidiweyo. Wabekwa endlwini kaMika.

5 Ora, esse homem, Mica, tinha um santuário, uma casa de deuses, e fez um colete sacerdotal e alguns ídolos da família; e consagrou um dos seus filhos como sacerdote.

5Lo mfo unguMika ke wayenesibingelelo sakhe. Wenza imifanekiso eqingqiweyo ndawonye nesidanga, waza wamisela omnye koonyana bakhe wangumbingeleli.

6 Naquela época, não havia rei em Israel; cada pessoa fazia o que lhe parecia certo.

6Ke kaloku ngelo thuba kwakungekho kumkani kwaSirayeli; umntu ngamnye wayesenza unothanda.

O levita em casa de Mica

7 Um jovem levita, de Bet-Léhem, Belém, de Judá, procedente do clã de Judá,

7Kwangelo thuba kwakukho umfana womLevi owayehlala eBhetelehem engumngeneleli kwelakwaJuda.

8 deixou aquela cidade à procura de outro lugar para viver. No decorrer de sua viagem, parou na casa de Mica, na região montanhosa de Efraim.

8Waphuma ke eBhetelehem, efuna indawo anokuxhwarha kuyo. Esabhadula njalo waya kugaleleka kwaMika kweleentaba lakwaEfrayim.

9 Então Mica lhe indagou: “Donde vens?” Ao que ele respondeu: “Sou levita, de Belém de Judá, e estou viajando em busca de um bom lugar para habitar!”

9UMika wambuza wathi: “Uvela phi?” Ke yena waphendula wathi: “NdingumLevi waseBhetelehem kwelakwaJuda. Ndifuna indawo endingaxhwarha kuyo.”

10 E Mica o convidou: “Fica comigo! Sê para mim pai e sacerdote e te recompensarei com dez ciclos de prata, isto é, cento e vinte gramas de prata por ano, mais roupas e alimentação.”

10UMika wathetha naye ke, wathi: “Sowuhlala apha kum, ube ngumfundisi nombingeleli wam; ndiya kukuhlawula ngeshumi leesiliva ngonyaka, ndawonye nempahla yokunxiba nokutya.”

[11] O jovem levita concordou em estabelecer-se com Mica, e tornou-se como um de seus filhos.

[12] Mica consagrou o levita, e o jovem passou a ser seu sacerdote, e ficou morando em sua casa.

[13] Então Mica declarou: “Agora estou certo de que o SENHOR me tratará com bondade, pois esse levita se tornou meu sacerdote!”

[11]UmLevi lowo ke wavumelana noMika, waza wahlala naye, waba njengonyana wakhe.

[12]UMika wammisela waba ngumbingeleli wakhe, wahlala apho kwakhe.

[13]UMika wathi: “Njengokuba umbingeleli wam engumLevi nje, ndiyazi ukuba uNdikhoyo uya kundithi jize ngenkqubela.”

Juízes 18

Os danitas buscam uma herança e tomam Laís

[1] Nesse tempo não havia rei em Israel. E a tribo de Dã estava em busca de uma terra onde se estabelecer, porquanto ainda não havia recebido sua herança entre as tribos de Israel.

[2] Os filhos de Dã enviaram cinco homens de seu clã, valentes, de Zorá a Estaol, com a missão de conhecer a terra e explorá-la. E assim lhes foi ordenado: “Ide explorar a terra!” Os cinco homens chegaram à montanha de Efraim, até onde estava a casa de Mica, e ali foram hospedados e passaram a noite.

[3] Quando estavam se aproximando da casa de Mica, reconheceram a voz do jovem levita e, aproximando-se, lhe questionaram: “Quem te trouxe para estas terras? Que fazes aqui? E o que é que tens aqui?”

[4] O jovem levita lhes esclareceu: “Mica tem me ajudado muito; ele me empregou aqui, e eu lhe sirvo como seu sacerdote!”

[5] Então lhe pediram: “Neste caso, consulta a Deus para sabermos se o caminho que levamos nos conduzirá a bons resultados.”

Iinkokheli 18

UMika namaDan

[1]Ngelo thuba ke uSirayeli wayengenakumkani. Ke yona indlu kaDan yayisazifunela umhlaba owawuza kuba lilifa layo, kuba ukuza kuthi ga ngoku yayingekafumani mhlaba ungowayo njengezinye izindlu zikaSirayeli.

[2]Ngoko ke amaDan akhetha amagorha amahlanu awaziwayo, amela isizwe sawo siphela. Awakhupha eZora nase-Eshtawoli, awayala athi: “Hlolani ilizwe elo.” Athi akufika kweleentaba lakwaEfrayim, alalisa kwaMika.

[3]Athe elapho akunakana ukubetha kolwimi lomfana womLevi, aza aya kuye, abuza athi: “Uzokwenza ntoni apha? Uze nabani?”

[4]Uphendule wathi: “Hayi, ndilapha nje ndinezigqibo noMika; undiqeshe ukuba ndibe ngumbingeleli wakhe.”

[5]La madoda ke amcela athi: “Khawusibuzele kuThixo, uqonde ukuba luza kuba nempumelelo na uhambo lwethu.”

[6] E o jovem lhes assegurou: “Ide em paz! O vosso caminho está sob os cuidados de Yahweh, o SENHOR!”

[7] Os cinco homens partiram e chegaram à cidade de Láish, Laís. Observaram que seus habitantes viviam em segurança, segundo os costumes dos sidônios, despreocupados e confiantes, usufruíam de prosperidade, pois a sua terra não lhe deixava faltar nada. Viram também que este povo vivia afastado dos sidônios e não tinham contato com os arameus nem com outros povos.

[8] Então retornaram a seus irmãos, em Zorá e Estaol, e estes lhes indagaram: “Que relatais?”

[9] E eles lhes encorajaram: “Levantai-vos! Subamos contra eles, pois vimos a terra, que é excelente. Mas quanto a vós? Ficareis aqui tranquilos? Não hesiteis em ir depressa tomardes posse desta terra!

[10] Chegando lá, achareis um povo tranquilo, que não desconfia de nada, um território grande, fértil e generoso que Deus entrega em vossas mãos, terra onde não falta coisa alguma!”

[11] Então partiram dali, do clã dos danitas, de Zorá e Estaol, seiscentos homens armados para a guerra.

[12] Subiram para acampar em Quiriate-Jearim, em Judá. É por isso que, ainda hoje, essa região a oeste de Quiriate-Jearim, se chama Mahané-Dan, Campo de Dã.

[13] Dali se dirigiram para a região montanhosa de Efraim e chegaram à casa de Mica.

Os danitas levam da casa de Mica a imagem e o levita

[6]Umbingeleli lowo ke waphendula wathi: “Ze ningaxhali; uhambo lwenu lusezandleni zikaNdikhoyo.”

[7]La madoda aphuma apho, afika eLayishe. Ke afumanisa ukuba abantu bakhona babengoyiki nto, koko babehleli ngokonwaba njengamaSidon. Yayiluhlanga oluzolileyo olungenanxa namntu, futhi lungaswele nto. Babemi kude namaSidon, futhi kungekho sizwe simbi banomnqophiso naso.

[8]La madoda ke athi akubuyela ekhaya eZora nase-Eshtawoli abuzwa ngamawawo kwathiwa: “Ibinjani na ihambo?”

[9]Ke wona aphendula athi: “Yizani, mawethu, masiye kuyihlasela iLayishe. Siwubonile laa mhlaba; mhle kakhulu. Ngoko ke sanukuba salibazisa; masithathe khona siye, siwohluthe laa mhlaba!

[10]Nakufika khona niya kufumanisa ukuba abantu bakhona bazihlalele nje, abanaxhala lanto. Ewe, ilizwe elo lithe gabalala; mayela neentswelo zomntu kukwanto zilungile, ibe ke uThixo ulinikele kuni.”

[11]Apho ke eZora nase-Eshtawoli amaDan akhupha umkhosi wamadoda angamakhulu amathandathu.

[12]Enyuka aya kumisa entshona yeKiriyati-yarim kwelakwaJuda. Ngenxa yeso sizathu ke loo ndawo isabizwa ngokuba yiMarhane-dan unangoku.

[13]Loo mkhosi ke waphuma apho, waya kutsho kwaMika kweleentaba lakwaEfrayim.

14 Aqueles cinco homens que haviam ido espiar a terra ao redor de Laís disseram aos companheiros: “Sabeis que há aqui, numa destas casas, um efod, manto sacerdotal, e terafim, ídolos da família, uma imagem esculpida e um ídolo de metal fundido? Agora, portanto, pensai no que deveis fazer!”

15 Dando uma volta por ali, chegaram à casa do jovem levita, à casa de Mica, e o saudaram.

16 Enquanto os seiscentos homens dos danitas, armados para a guerra permaneciam à soleira da porta,

17 os cinco homens que tinham estado antes ali para o reconhecimento do território vieram e entraram na casa, apanharam a imagem de escultura, o efod, os terafim e o ídolo de metal fundido, estando o sacerdote em pé, à entrada da porta, com os seiscentos homens armados para a guerra.

18 Eles, pois, tendo entrado na casa de Mica, pegaram a imagem de escultura, o efod, os terafim e o ídolo de metal fundido. Mas o sacerdote lhes advertiu: “Que estais fazendo?”

19 Ao que lhe replicaram: “Silêncio! Põe a mão na tua boca e segue-nos. Serás para nós um pai e sacerdote. Pensai no que é melhor para ti, seres um sacerdote da família de apenas um homem ou servir como sacerdote de toda uma tribo e um clã de Israel?

20 Então, o jovem sacerdote se alegrou, apanhou o manto sacerdotal, os ídolos da

14Ke ezaa ntlola zintlanu zaziye kuhlola elo lizwe zada zaya kufika eLayishe, zathi kumawazo: “Ngaba benisazi na ukuba kwenye yezi zindlu kukho umfanekiso oqingqwe ngomthi watyatyekwa ngesiliva? Kukwakho nomnye umfanekiso otyhidiweyo, kunye nemilonde-khaya, ndawonye nesidanga. Niyayazi ke into emayenziwe!”

15Ke kaloku zangena kwaMika, apho wayehlala khona umfana womLevi, zafika zabulisa zabuza impilo.

16Ke wona umkhosi omakhulu mathandathu amadoda, lowa wawuxhobe waf' amacala, wawuthe xonkxosholo esangweni.

17Ezo ntlola zathi ngqo endlwini, zafika zathatha loo mfanekiso uqingqiweyo, nalowo utyhidiweyo, kunye nemilonde-khaya ndawonye nesidanga, ngeli lixa yena umbingeleli wayesesesangweni nomkhosi lowo.

18La madoda ke athi akungena endlwini kaMika athatha imifanekiso leyo ndawonye nesidanga. Ke umbingeleli lowo wawabuza wathi: “Nenza ntoni?”

19Ke wona amyala athi: “Yithi tu, ungabi sayiphatha! Yiza, uhambe nathi, ube ngumfundisi nombingeleli wethu. Awutsho wena ukuba kubhetele ube ngumbingeleli wenye yezindlu zikaSirayeli endaweni yokuba ube ngumbingeleli womzi womntu omnye?”

20Eli cebo lamkholisa umbingeleli lowo, waza ke wasithatha isidanga nemifanekiso

família e a imagem esculpida e se juntou à tropa.

21 Retomando então o seu caminho, partiram, tendo colocado à frente as mulheres e as crianças, os animais e a bagagem.

22 Estavam já longe da casa de Mica, quando os que moravam nas proximidades da casa de Mica deram o alarme e se puseram em perseguição aos danitas.

23 Como eles gritassem atrás dos danitas, estes voltaram-se e inquiriram à Mica: "Que tens tu, por que convocaste teus homens para uma batalha?"

24 Ele retrucou: "Tirastes os deuses que eu mesmo confeccionei, e levastes também o meu sacerdote! O que me sobrou? E ainda perguntas: O que há de errado contigo?"

25 Responderam-lhe os danitas: "Não nos obrigues mais a ouvir a tua voz! Alguns, de ânimo exasperado, poderão cair sobre vós. Arriscas perder a tua vida e toda a tua família!"

26 Os danitas seguiram o seu caminho, e Mica, vendo que eles eram mais fortes e numerosos, recuou e voltou para a sua casa.

27 Assim, depois de haverem tomado os deuses que Mica fabricara e o sacerdote que tinha consigo, os danitas avançaram contra Laís, contra um povo pacífico e despreocupado. Eles mataram todos os habitantes ao fio da espada e queimaram a cidade.

28 Não houve quem os livrasse, pois viviam longe de Sidom e não tinham comunicação com nenhum outro povo. A cidade ficava

ikunye nalowo uqingqiweyo, wahamba namaDan lawo.

21Loo madoda ke ajika ahamba. Abantwana bawo, iinkomo, nako konke okwawo, akubeka ngaphambili.

22Athe selemgama, uMika nabamelwana bahlab' umkhosi, baphuma besukelisa. Bathe bakusondela kumaDan apho

23bawakhwaza. Ke wona ajika abuza kuMika athi: "Konakele phi? Ngowani lo mkhosi?"

24UMika waphendula wathi: "Ningathini ukuthi: 'Konakele phi?' Nindohluthe oothixo bam endizenzele bona nombingeleli wam, nemka nabo! Ndosala nantoni mna?"

25Ke amaDan aphendula athi: "Kubhetele ungabi sasingxolela, hleze la madoda anengcwangu akuhlasele. Xa inokwenzeka into enjalo, ungafa ndawonye nomzi wakho."

26Ke wona amaDan ahlabela mgama, ahamba. NoMika ke waqonda ukuba xa injalo ayingangaye, waza ke wajika wagoduka.

27AmaDan ke akuba emthathile umbingeleli lowo ndawonye noothixo bakaMika, ahamba aya kuhlasela iLayishe, loo dolophu izole kunye nabantu bayo. Babatshabalalisa abemi bayo, ke yona idolophu bayitshisa.

28Zange kubekho mhlanguli, kuba kaloku iLayishe le yayimgama eSidon, ibe ke nabemi bayo babengenamnqophiso nesinye

num vale que se estende até Bet-Rehov, Bete-Reobe. Então, os homens de Dã reconstruíram a cidade e se estabeleceram nela.

isizwe. Ke iLayishe le yayimelene neBhete-rehobhi. AmaDan ke aphinda ayivusa loo dolophu, ema kuyo.

[29] E deram à antiga cidade de Laís, o nome de Dã, em homenagem a seu antepassado e pai Dã, filho de Israel.

[29]Igama layo elalisakuba yiLayishe alijika athi yiDan, eyithiya ngokhokho wawo unyana kaSirayeli.

[30] Os danitas levantaram para si o ídolo, e Jônatas, filho de Gerson, neto de Menashe, Manassés, e depois os seus filhos, foram sacerdotes da tribo de Dã até a época em que a população da terra foi levada cativa para o exílio.

[30]AmaDan amisa umfanekiso oqingqiweyo wawo, aza amisela uJonatan, unyana kaGershom umzukulwana kaMosis, wangumbingeleli wesizwe. Nenzala yakhe ke yaba ngababingeleli besizwe sakwaDan, de elo zwe lathinjwa.

[31] Eles conservaram o ídolo feito por Mica com eles durante todo o tempo em que a casa de Deus esteve em Siló.

[31]Umfanekiso owawenziwe nguMika wahlala uhleli apho ke ngalo lonke ixesha isibingelelo sikaThixo sasisekho eShilo.

Juízes 19

Os homens de Gibeá abusam da mulher de um levita

[1] Naqueles dias em que o povo de Israel não tinha um rei para governá-los, um levita foi morar bem longe, para os lados dos montes de Efraim. E amancebou-se com uma jovem de Belém de Judá.

[2] Todavia, ela lhe foi infiel. Deixou-o e voltou para a casa do seu pai, em Belém de Judá. E ficou lá durante quatro meses.

[3] Então o homem resolveu ir a Belém atrás dela, para tentar convencê-la a retornar para ele. Ele partiu levando consigo seu servo e dois jumentos. Ao chegar à casa do pai da jovem, este vendo-o, veio alegremente ao seu encontro.

[4] O pai da jovem o convenceu a ficar ali por algum tempo; e ele aceitando, permaneceu com eles por três dias. O casal passou a fazer as suas refeições e a dormir juntos.

Iinkokheli 19

Intlekele eyahlela umLevi

[1]Ngethuba eliphambi kokuba uSirayeli abe nokumkani kwakukho mLevi uthile owayehlala kude kweleentaba kwaEfrayim. Lo mfo wathatha intombi yaseBhetelehem kwelakwaJuda, wahlalisana nayo.

[2]Kambe ke yambambela, yaza yagoduka yaya eBhetelehem kwelakwaJuda, yahlala khona iinyanga zane.

[3]Lo mLevi ke wayilanda ngezicengo, khon' ukuze babuyelane. Wayehamba nesicaka sakhe kunye needonki ezimbini. Le ntombi ke yamazisa kowayo umLevi lowo, waza ke uyise akumbona wamamkela ngezishushu.

[4]Uyise wentombi leyo wamnyanzelisa ukuba akhe ahlale umLevi lowo, waza ke wahlala iintsuku zantathu, besitya besela kunye.

[5] No quarto dia eles se levantaram ao raiar do dia e se aprontaram para ir embora. Mas o pai da jovem lhes sugeriu: "Restaura as tuas forças comendo um pedaço de pão, e em seguida podereis partir."

[5]Ngentsasa yosuku lwesine bavuka sebelungele ukuhamba. Ke uyise wentombi wathetha nomkwenyana, wathi: "Qala utye, uhlaziyeke, uze ke uhambe kamva."

[6] Estando assentados à mesa, eles comeram e beberam juntos como de costume, e então o pai da jovem pediu ao homem: "Consente, rogo-te, em ficar mais esta noite, e que se alegre o teu coração entre nós!"

[6]Bahlala ke umntu nomkhwenyana, batya basela. Usontombi lowo ke waphinda wacela umkhwenyana wathi: "Sowulala apha ngokuhlwanje, uzonwabise."

[7] Como o homem se levantasse decidido a partir, o pai da jovem insistiu uma vez mais, e por isso, ele passou ainda aquela noite ali.

[7]Wathi umLevi lowo akufuna ukuhamba, uyise lowo wamcenga ukuba aselala apho ngobo busuku.

[8] No quinto dia, o levita se levantou de madrugada e aprontou-se para partir, mas o pai da jovem novamente lhe suplicou: "Restaura primeiro as tuas forças, peço-te!" E permaneceram assim até quase o final do dia, e comeram e beberam juntos.

[8]Ngentsasa yosuku lwesihlanu umLevi wavuka ezimisele ukuhamba, kodwa usontombi wathi: "Khawutye, ulinde kude kube semini noko." Wahlala ke, batya bobabini.

[9] Então o homem levantou-se pronto para partir com a sua concubina e o seu servo, quando o pai da jovem, lhe ponderou: "Eis que o dia termina e a tarde vem chegando depressa, portanto passa conosco a noite pelo menos. O dia declina, passai a noite aqui em segurança e que teu coração se regozije conosco. Amanhã bem cedo partireis, e tu irás para a tua habitação!"

[9]Wathi ke umLevi nentombi leyo ngokunjalo nesicaka sebezimisele ukunduluka, uyise wabanqanda, esithi: "Amathunzi anabile, nokuhlwa sekusondele; masenilala. Hlalani nizonwabise, nize ninduluke kusasa ngomso ukugoduka."

[10] Contudo, o homem, recusando passar mais uma noite, levantou-se convicto, partiu e chegou até Ievus, Jebus, isto é, Jerusalém, com dois jumentos selados e com a sua mulher.

[10]Ngesi ke isihlandlo umfo lowo akavumanga ukuphinda alale. Wanduluka, ehamba enezo donki zimbini ezineesali kwakunye nomasihlalisane lowo, waya kugaleleka ngaseJebhusi. (IJebhusi ke yile iyiJerusalem namhla.)

[11] Quando estavam próximos a Jebus e já se findava o dia o servo sugeriu a seu senhor:

[11]Bakusondela eJebhusi imimi yayiselithambekile, saza isicaka sathi

"Vem, rogo-te, façamos um desvio e vamos passar a noite nesta cidade dos jebuseus."

enkosini yaso: "Masesihlala apha eJebhusi, silalise khona."

12 Seu senhor lhe replicou: "Não nos desviaremos do nosso caminho para ir a uma cidade de estrangeiros, porquanto esses não são israelitas, entretanto prosseguiremos até Guivá, Gibeá!"

13 E acrescentou, ordenando ao seu servo: "Vamos, tratemos de alcançar um desses lugares: Gibeá ou Ramá, para ali pernoitarmos!"

12-13Kambe ke inkosi yaso leyo yathi: "Hayi, kaloku asinakulala apha kwisixeko sabantu basemzini abangengawo amaSirayeli. Masigqithele phambili, siye kulala eGibheya okanye eRama."

14 Foram então mais longe e continuaram a sua caminhada. Ao chegarem defronte da cidade de Gibeá de Benjamim, o sol se escondia.

14Ngoko ke badlula apho eJebhusi. Kwathi xa lithi ndithenge, bagaleleka eGibheya kummandla wamaBhenjamin.

15 Então eles se encaminharam apressadamente para Gibeá, a fim de passarem a noite ali. O levita entrou e se assentou na praça da cidade, mas ninguém lhe ofereceu hospitalidade em sua casa para pernoitar.

15Baphambuka ke endleleni, besiya kulala khona. Bangena ke, baya kutsho ebaleni lembutho, kungekho mntu ubanika indawo yokulala.

16 Veio um homem idoso que, ao cair da tarde, retornava do trabalho no campo. Era um senhor das montanhas de Efraim, que estava morando em Gibeá, enquanto os do lugar eram benjamitas.

16Bathe beselapho kwathi gqi ixhego, livela emasimini. Lalingumngeneleli apho eGibheya, kodwa inkaba yalo ikweleentaba kwaEfrayim. Phofu ke abantu balapho yayingamaBhenjamin.

17 Assim que avistou o viajante na praça da cidade, o velho homem lhe indagou: "Para onde vais? E de onde vens?"

17Lathi ke lakubabona abahambi abo belapho ebaleni lembutho, labuza lathi: "Kuvelwa ngaphi, kusiyiwa phi?"

18 E o levita lhe respondeu: "Fazemos o caminho de Belém de Judá para bem longe, rumo à região montanhosa de Efraim, onde moro. Fui a Belém e agora estou regressando para a Casa do Senhor. Contudo, nesta cidade ninguém me ofereceu hospedagem em sua casa.

18UmLevi uphendule wathi: "Siphuma eBhetelehem kwelakwaJuda. Ukwenjenje oku siyagoduka, siya kummandla othe qelele kweleentaba kwaEfrayim. Kambe ke akukho mntu usinika ndawo yakulala.

[19] Entretanto, temos palha e forragem para nossos animais, e eu tenho também pão e vinho para mim, para a tua serva e para o jovem que acompanha o teu servo. Não precisamos de nada!"

[20] Então aquele senhor lhe disse: "Sê bem-vindo em minha casa! Deixa-me ajudar-te no que necessitares, mas não passes a noite ao relento."

[21] Em seguida, ele os levou para a sua casa e alimentou os jumentos. Depois de lavarem os pés, reuniram-se para beber e comer.

[22] Quando estavam entretidos conversando, alguns vadios e depravados da cidade cercaram a casa. E desferindo violentos golpes contra a porta, gritavam para o homem idoso, dono da casa: "Faze sair o homem que está contigo, queremos ter relações sexuais com ele!"

[23] O proprietário da casa saiu e lhes aconselhou: "Não, irmãos meus, rogo-vos, não sejais tão perversos. Considerai que este homem é meu hospede, não pratiqueis tal infâmia e crime!

[24] Aqui está minha filha, que é virgem e a mulher do meu hóspede. Eu as entregarei a vós. Subjugai-as, pois, e fazei com elas como bem vos parecer; mas não façais uma loucura dessas a este homem!"

[25] No entanto, aquelas pessoas não quiseram ouvi-lo. Então o levita pegou sua concubina e a entregou. Eles a violentaram e abusaram dela a noite toda. De madrugada a abandonaram.

[26] Ao amanhecer do dia a mulher voltou para a casa onde o seu senhor estava

[19]Sinako ukutya kweedonki zethu, ngokunjalo mna sicaka sakho kunye nesicakakazi sakho nomfana ohamba nathi sinaso isonka newayini. Hayi, asixakekanga kwelo cala."

[20]Ixhego ke lathi: "Namkelekile kwam; aninakude nilale apha phandle. Yizani; ndiza kunilungiselela."

[21]Lagoduka nabo ke, lazityisa iidonki zabo. Bahlamba iinyawo, baza batya basela.

[22]Kwathi besonwabile apho, kwafika iindlavini ezithile, zayirhawula indlu leyo, zabetha ucango, zabhekisa kumnini-ndlu lowo zisithi: "Mkhuphe loo mfo umngenise endlwini yakho. Sifuna ukulala naye."

[23]Kambe ke umninimzi waphuma, wathetha nazo, wathi: "Hayi, mawethu, ndiyanibongoza, sanukulenza elo nyala; lundwendwe lwam olu!

[24]Ndaweni yaloo nto thathani intombi yam kwanomfazi walo mfo. Mandinikhuphele bona, nenze ukuthanda kwenu kubo. Kodwa sanukuyenza into embi kangaka kulo mfo."

[25]Kambe ke azivumanga ezo zibhoja. Ngoko ke umLevi lowo wakhupha loo masihlalisane wakhe, zaza ke zadlalisa ngaye zazenzela apho kuye kwada kwasa.

[26]Kwathi ekuseni umfazi lowo wabuya, wafika wawa ngasemnyango kuloo ndlu

hospedado, caiu junto a porta e ali ficou até o dia clarear por completo.

27 Quando o seu senhor se levantou de manhã, abriu a porta da casa e saiu para prosseguir viagem, lá estava a sua concubina, caída na soleira da porta.

28 Ele lhe disse: “Levanta-te! Vamos embora daqui!” Mas não houve resposta. Então o homem a colocou sobre o seu jumento e partiram para casa.

29 Assim que chegou em casa, apanhou uma faca e cortou o corpo da sua concubina em doze partes, e as enviou a todas as tribos e regiões de Israel.

30 E todos os que viam aquilo exclamavam horrorizados: “Até hoje, nunca se fez nem se viu tal atitude, desde o dia em que os israelitas foram libertos e saíram do Egito! Refleti, pois, sobre tudo isto e respondei o que haveremos de fazer agora?

Juízes 20

Os israelitas vingam o ultraje feito ao levita

1 Então todo o povo de Israel, de Dã a Berseba, e de Gileade, saíram como uma só pessoa e se reuniram em assembleia perante Yahweh, em Mispá.

2 Os líderes de todo o povo e de todas as tribos israelitas se apresentaram na congregação do povo de Deus; eram quatrocentos mil homens de infantaria armados de espada.

3 E o povo de Benjamim foi informado que todos os outros israelitas haviam subido até Mispá e que eles queriam explicações sobre

yexhego apho yayikhona indoda yakhe. Walala apho kwada kwasa.

27Kusasa yathi yakuvula umnyango indoda yakhe, iphuma iza kuhamba, yamfumana elele apho ngasemnyango, izandla zakhe zisembundwini.

28Yathetha naye, yathi: “Vuka sihambe!” Kwathi cwaka. Yaza ke yamthatha, yamxhoma edonkini, yagoduka naye.

29UmLevi lowo ke uthe akufika ekhaya wathatha imela. Umzimba waloo mfazi ke wawunqunqa waziziqwenga ezilishumi elinambini, waza ke isiqwenga ngasinye wasithumela kwenye yezindlu zikaSirayeli.

30Wonke ke umntu owayibonayo le nto wavakala esithi: “Zange siyive siyibone into enje! Into enje zange ihle okoko uSirayeli waphumayo eJiputa! Mayiqwalaselwe, kubonwe into emayenziwe!”

Iinkokheli 20

USirayeli uza kuhlasela iGibheya

1USirayeli ephela, ukusuka kwaDan kuye kuqhina ngeBheshebha, ngokunjalo nomhlaba waseGiliyadi, ewe, lonke ibandla likaSirayeli lahlanganisana limoya mnye phambi koNdikhoyo eMizpa.

2Zonke iinkulu zezindlu zikaSirayeli zazikho kwelo bandla labantu bakaThixo, ingamakhulu amane amawaka amajoni aphatha ikrele.

3NamaBhenjamin eva ukuba kudityenwe ngamaSirayeli eMizpa. AmaSirayeli athi: “Yitshoni; yenzeke kanjani na le ntlekele?”

como aquele crime hediondo havia sido cometido.

[4] Então o levita, marido da mulher assassinada, tomou a palavra e relatou: “Eu chegara com minha concubina a Gibeá, no território da tribo de Benjamim, para passar a noite.

[5] Os homens de Gibeá se amotinaram contra mim e, durante a noite, cercaram a casa onde eu estava hospedado. Eles queriam tirar-me a vida, mas em vez disso agrediram e estupraram minha mulher, e ela morreu.

[6] Então tomei o corpo da minha concubina, cortei-o em pedaços e mandei uma parte para cada uma das doze tribos de Israel, porquanto aqueles indivíduos cometeram tal ato ignominioso e infame no meio do povo de Israel.

[7] Todos vós estais aqui, filhos de Israel! Consultai-vos uns aos outros e aqui mesmo tomai uma decisão sobre o que devemos fazer agora!”

[8] Todo o povo se levantou como se fosse um só homem, e declarou: “Nenhum de nós retornará à sua tenda, nenhum de nós voltará à sua habitação!

[9] Isto, pois, é o que faremos agora contra Gibeá. Separaremos por sorteio, de todas as tribos de Israel,

[10] de cada cem homens dez, de cada mil homens cem, de cada dez mil homens mil, com a missão de arrecadarem provisões para o exército poder chegar a Gibeá de Benjamim e retribuir àquela gente o que merecem por terem praticado esse crime horrível em Israel.

[4]UmLevi omfazi wayegetyengiwe wachaza wathi: “Ndihambe nowakwam, ndaya kutsho kwaBhenjamin eGibheya, ndisiya kulalisa khona.

[5]Ke izikhulu zaseGibheya zaphuma ngobusuku, zarhawula indlu endandikuyo, zifuna mna. Zona zazizimisele ukundibulala, kodwa ke zasuka zamhlasela owakwam, zamdlwengula wada wafa.

[6]Ke mna ndawuthatha umzimba wakhe, ndawunqunqa, ndathumela isiqwenga kwindlu nganye kwezo zikaSirayeli. Kaloku aba bantu benze isikizi lenyala kwaSirayeli.

[7]Khanitsho, maSirayeli, nithi makuthiweni? Lithini icebo lenu?”

[8]AmaSirayeli ke atsho ngazwi-nye athi: “Xa sisonke akukho bani uza kugoduka namhlanje; ewe, akukho bani uya kubuyela endlwini yakhe.

[9]Nantsi into esiza kuyenza ngeGibheya: Siza kukhangela ukuba liya kuphuma nabani na iqashiso, aze ke loo madoda asikhokele ekuyihlaseleni.

[10]Isishumi samadoda akwaSirayeli siya kuthwala ukutya komkhosi, aze ke amanye la aye kohlwaya iGibheya ngenxa yesi senzo sayo sobuyatha isenzileyo kwaSirayeli.”

[11] Assim se reuniram contra aquela cidade todos os homens de Israel, unidos como um só homem.

[12] As tribos israelitas mandaram que mensageiros fossem por toda a tribo de Benjamim e comunicassem: "Que crime terrível é esse que se cometeu entre vós?"

[13] Agora, pois, entregai-nos os responsáveis, esses indivíduos imorais e criminosos para que nós os executemos e extirpemos este mal do meio de Israel!" Contudo, os benjamitas não quiseram dar ouvidos aos seus irmãos israelitas.

[14] Os benjamitas, deixando as suas cidades, se concentraram em Gibeá e prepararam-se para combater contra os demais filhos de Israel.

[15] Contaram-se naquele dia os benjamitas vindos das diversas cidades: eram vinte e seis mil homens hábeis no manejo da espada, sem contar os próprios habitantes de Gibeá.

[16] Em todo esse exército havia setecentos homens de escol, canhotos. Todos eram muito hábeis e qualquer um desses soldados era capaz de atirar com a funda uma pedra pesada e acertar um fio de cabelo sem pecar, isto é, sem errar.

[17] Os demais israelitas que uniram-se para combater a tribo de Benjamim somavam quatrocentos mil soldados experientes no brandir a espada, todos homens de guerra.

[18] Então os israelitas subiram a Bet-El, Betel, à Casa do SENHOR, e consultaram a Deus: "Quem de nós deverá subir primeiro para o combate contra os benjamitas?",

[11]Ngoko ke amaSirayeli ahlanganisana emoya mnye, efuna ukohlwaya iGibheya.

[12]Izizwe zakwaSirayeli zathumela izigidimi kuwo wonke ummandla wesizwe sakwaBhenjamin, zisithi: "Buyatha buni obu nibenzileyo?

[13]Ngoko ke zikhupheni ezo ndlavini zaseGibheya, sizibulale, silihlambe eli nyala kwaSirayeli." Kambe ke amaBhenjamin zange awahoye amazwi athethwa ngamawabo amaSirayeli.

[14]Ndaweni yaloo nto amaBhenjamin aphuma kuzo zonke izixeko zawo, ahlangana eGibheya, aza aya kulwa namaSirayeli.

[15]Ngaloo mini akhupha amashumi amabini anesithandathu amajoni kuzo zonke izixeko zawo. Ngaphezu koko abemi baseGibheya bakhupha amajoni akhethiweyo angamakhulu asixhenxe,

[16]onke engamanxele. La manxele onke ayeziincutshe zokusawula ngenkwitshi atsho khona.

[17]Amajoni amaSirayeli, ngaphandle kwamaBhenjamin, ayengamakhulu amane amawaka, onke engoompondo-zihlanjiwe.

Idabi

[18]Ke amaSirayeli aya eBhetele, aza abuza kuThixo athi: "Yiyiphi na indlu emayiqale ukuhlasela uBhenjamin?" UNdikhoyo ke wathi: "Mayibe nguJuda."

perguntaram os demais filhos de Israel. E Yahweh respondeu: “A tribo de Judá subirá em primeiro!”

19 Ao raiar do dia, os filhos de Israel saíram e acamparam defronte de Gibeá.

20 Os soldados de Israel saíram para lutar contra seus irmãos benjamitas e tomaram posição de combate contra eles em Gibeá.

21 Os benjamitas saíram de Gibeá e naquele dia mataram vinte e dois mil irmãos israelitas no campo de batalha.

22 Mas os homens de Israel procuraram encorajar uns aos outros, e uma vez mais tomaram as mesmas posições de ataque do primeiro dia.

23 Os israelitas, menos a tribo de Benjamim, subiram, choraram e lamentaram diante da presença de Yahweh, indagando: “Devemos ainda voltar a atacar os nossos irmãos benjamitas?” E o SENHOR respondeu: “Sim, deveis outra vez marchar contra eles!”

24 Diante desta orientação os israelitas avançaram contra os benjamitas também no segundo dia.

25 Desta vez, quando os benjamitas saíram de Gibeá para enfrentá-los, mataram mais dezoito mil israelitas, todos eles armados de espada.

26 Então todos os israelitas, menos a tribo de Benjamim, subiram a Betel, e ali prostraram-se e lamentaram-se perante o SENHOR. Naquele dia jejuaram até a tarde e ofereceram holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão a Yahweh.

19Anduluka ke amaSirayeli ngentsasa elandelayo, aya kumisa ngaseGibheya.

20Aphuma amajoni amaSirayeli, esiya kulwa namaBhenjamin, akha uhlelo phambi kweGibheya.

21Wacombuluka ke umkhosi wamaBhenjamin, waphuma apho esixekweni, waza ngaloo mini wageqa amashumi amabini anambini amawaka amajoni amaSirayeli.

22Kambe ke ngengomso amaSirayeli omelezana; aphinda amajoni awo awamisa kwangalaa ndlela ayewamise ngayo ngezolo.

23Kaloku amaSirayeli ayeye kuzibika kuNdikhoyo, alila iinyembezi kwada kwahlwa. Abuzisa kuye kwakhona, athi: “Ngaba masiye na ukuya kulwa namawethu amaBhenjamin?” UNdikhoyo ke waphendula wathi: “Yiyani nilwe nawo.”

24Ngosuku olulandelayo amaSirayeli aphinda amhlasela uBhenjamin.

25Nangesi ke isihlandlo amaBhenjamin aphuma eGibheya, aza ageqa ishumi elinesibhozo lamawaka oompondo-zihlanjiwe bamaSirayeli.

26Aphuma ke onke amaSirayeli, aya kulila eBhetele. Ahlala apho phambi koNdikhoyo, akuzila ukutya kwada kwahlwa. Enza amadini atshiswayo, ngokunjalo nawobudlelwana, esenzela uNdikhoyo.

[27] Então ergueram uma consulta a Yahweh (naqueles dias, a Arca da Aliança de Deus estava entre eles em Betel.
[28] E Fineias, filho de Eleazar e neto de Arão, era o responsável por ministrar ao povo e cuidar da Arca). E a pergunta que eles alçaram ao SENHOR foi esta: "Sairemos novamente a guerrear contra nossos irmãos benjamitas ou é melhor que desistamos? Contudo o SENHOR lhes ordenou: "Atacai, porque amanhã Eu os entregarei nas vossas mãos!"

[27-28]Ngelo xesha ke ityesi yomnqophiso yayilapho eBhetele. Ke uPineyasi unyana kaElazare umzukulwana ka-Aron yayinguye umbingeleli apho. AmaSirayeli ke aphinda abuzisa kuNdikhoyo, athi: "Ngaba masiye ukuya kulwa namawethu amaBhenjamin, okanye masincame?" UNdikhoyo ke waphendula wathi: "Phakathi! Ngomso ndiza kunithi jize ngoloyiso!"

[29] Então os israelitas reorganizaram as tropas e armaram uma emboscada ao redor de Gibeá.

[29]Ngoko ke amaSirayeli afihla amanye amajoni, axhwarha kufuphi neGibheya.

[30] No terceiro dia, os filhos de Israel marcharam contra seus irmãos benjamitas e, como das outras vezes, posicionaram-se em ordem de batalha defronte de Gibeá.

[30]Nangolu lwesithathu usuku amaSirayeli amhlasela uBhenjamin, amajoni akha uhlelo ekhangele iGibheya njenga-ngaphambili.

[31] Os benjamitas saíram confiantes para enfrentá-los, mas foram atraídos para longe da cidade. Começaram, como nas outras batalhas, a ferir alguns da coalizão israelita, e cerca de trinta homens foram mortos em campo aberto e nas estradas: uma que leva à Betel e outra que vai para Gibeá.

[31]AmaBhenjamin aphuma ukuhlangabeza, ada asishiya isixeko. Njengezolo ke akhe ageqa apho kumaSirayeli kuloo mathafa nakwindlela eya eBhetele neya eGibheya. Kwafa amashumi amathathu amaSirayeli.

[32] Enquanto os benjamitas exclamavam: "Eis que os vencemos como antes!", os demais israelitas combinavam: "Vamos fugir para atraí-los para longe da cidade, para as estradas!"

[32]AmaBhenjamin athi: "Isesesezolo; siwafumene!" Ke wona amaSirayeli athi: "Masihlehle, khon' ukuze siwatsalele ezindleleni kude nesixeko."

[33] Então todos os homens de Israel abandonaram as suas posições e se organizaram em Baal-Tamar, e a emboscada da coalizão israelita atacou de sua posição a oeste de Gibeá.

[33]Wathi ke umkhosi wamaSirayeli waqokelelana eBhali-tamare, waza lowa wawulalele ngaseGibheya wadyulukudela ukuphuma kwezo ziwana zingqonge isixeko.

[34] Dez mil homens de elite, escolhidos de toda a coalizão de Israel, vieram violentamente contra Gibeá; recrudesceu o combate, mas os outros não sabiam a desgraça que os aguardava.

[35] Yahweh derrotou Benjamim na presença de todo Israel, e naquele dia a coalizão israelita matou vinte e cinco mil e cem benjamitas, todos hábeis soldados armados de espada.

[36] Então os benjamitas concluíram que estavam mesmo derrotados. Os israelitas bateram em retirada diante de Benjamim, porquanto tinham plena confiança na emboscada que haviam preparado perto de Gibeá.

[37] Os homens destacados para a emboscada avançaram depressa na direção de Gibeá, espalharam-se e mataram todas as pessoas da cidade.

[38] O exército israelita e os homens que estavam escondidos tinham combinado um sinal: quando avistassem uma grande nuvem de fumaça subindo da cidade,

[39] os israelitas que estavam fora, no campo de batalha, deviam dar meia-volta e atacar. Até aquele momento os benjamitas já haviam matado cerca de trinta homens da coalizão israelita e começavam a comemorar: “Certamente nós os venceremos!” Imaginaram eles, “exatamente como nas batalhas anteriores!”

[40] Mas o sinal, a coluna de fumaça, começou a elevar-se da cidade, e Benjamim, ao voltar-se, julgou que a cidade inteira estava se esvaindo em chamas para o céu.

[34]IGibheya ke yahlaselwa lishumi lamawaka angoompondo-zihlanjiwe, bekhethwe kuSirayeli ephela. Hayi ke, yaba yinkwa nenkwa, phofu yena uBhenjamin engaqondi ukuba namhlanje ihlile intlekele.

[35]UNdikhoyo wamoyisa uBhenjamin ngamaSirayeli. AmaSirayeli atshabalalisa amashumi amabini anantlanu amawaka anekhulu ngaloo mini, onke eziincutshe zekrele,

[36]waza ke uBhenjamin waqonda ukuba woyisiwe.

Ukuphumelela kwamaSirayeli

Umkhosi wamaSirayeli wahlehla, kuba ukholose ngalowo wawulalele kufuphi neGibheya uzimele.

[37]Lo ke umkhosi wakhawuleza wangena eGibheya, wanwenwa apho esixekweni, wabulala konke nje.

[38]Indili yomkhosi kaSirayeli nalo uzimeleyo wawuvumelene ngokuthi xa ubona umsi uthuquza unyuka apho esixekweni,

[39]umkhosi osedabini uya kubuya nawo ungene uhlasele. Ngeli thuba ke amaBhenjamin ayeselewabulele amaSirayeli amalunga namashumi amathathu. Ayesezincoma esithi: “Sesezolo nanamhlanje; siwafumene!”

[40]Kweso sithuba ke wasuka wavela umqondiso; suka kwavela umpokophela womsi, wathunquza uphuma apho esixekweni. Athi ke akujonga

amaBhenjamin abona isixeko sawo singamalangatye nje!

41 A coalizão israelita, então, deu meia-volta e os benjamitas se assombraram, ao compreender que a hora da sua desgraça havia chegado.

41Suka ke amaSirayeli aguquka, ke wona amaBhenjamin asuka azizithwanga-thwanga, kuba eqonda ukuba ihlile intlekele.

42 Então, partiram em fuga desesperada da presença dos demais filhos de Israel na direção do deserto, mas os perseguidores os alcançaram, e os que vinham da cidade os massacraram a todos, atacando-os pela retaguarda.

42Azama ukuhlehla abalekele entlango, kodwa ke umkhosi wathi mbende emva kwabo. Axinwa atyakatywa nangamanye amadoda awayephuma ezidolophini.

43 Eles cercaram os soldados de Benjamim, perseguiram-nos sem tréguas e os aniquilaram até perto de Gibeá, no lado leste, do nascente do sol.

43AmaSirayeli awarhawula amaBhenjamin, awasukela, aza awoyisa lula kude kufuphi neGibheya empumalanga.

44 Dezoito mil dos melhores soldados benjamitas tombaram mortos.

44Kwafa ishumi elinesibhozo lamawaka koompondo-zihlanjiwe bamaBhenjamin.

45 Os sobreviventes, viram-lhes as costas e fugiram rumo ao deserto, para o Rochedo de Rimom. Cinco mil homens foram mortos nas estradas. A coalizão israelita perseguiu o restante do exército benjamita e assim matou mais dois mil soldados.

45Amanye asabela entlango, esinga kumawa aseRimon, kwaza kwabulawa amawaka amahlanu ezindleleni. AmaSirayeli athi mbende emva kwawo ukuya kutsho eGidiyon, aza abulala amawaka amabini.

46 Ao todo vinte e cinco mil benjamitas foram mortos naquele dia, todos eles soldados hábeis e valentes.

46Ngaloo mini yodwa kwafa amashumi amabini anantlanu amawaka amaBhenjamin, onke engoompondo-zihlanjiwe bamajoni.

47 Entretanto, seiscentos homens retrocederam e fugiram para o deserto na direção do Rochedo de Rimom. Ali permaneceram escondidos por quatro meses.

47Kambe ke amakhulu amathandathu abalekela entlango, aya kutsho kuloo mawa aseRimon, ahlala apho iinyanga zane.

48 A coalizão israelita voltou aos benjamitas e passou ao fio da espada toda a população masculina da cidade, e até mesmo o gado e tudo o que ali se achava. E também atearam

48AmaSirayeli ke abuya awatshabalalisa onke amaBhenjamin, ebulala konke: ndoda, mfazi, mntwana, nemfuyo le yembala. Azitshisa zonke iidolophu zaloo mmandla.

fogo em todas as demais cidades benjamitas da região.

Juízes 21

A ruína de Jabes-Gileade

1 Então os homens da coalizão dos israelitas havia feito em Mispá este juramento diante de Deus: "Ninguém dentre nós dará a sua filha em casamento a qualquer filho de Benjamim!"

2 O povo retornou a Betel e ficou ali na presença de Deus até a tarde. Eles choraram amargamente, em voz alta, e

3 clamaram: "Ó Yahweh, SENHOR Deus de Israel", bradavam eles "por que nos aconteceu tamanha desgraça? Por que Israel perdeu uma de suas tribos?"

4 No dia seguinte, o povo se levantou ao raiar da alvorada e construiu um altar e ofereceu holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão ao SENHOR.

5 Depois, declararam diante dos filhos de Israel: "Qual dentre todas as tribos de Israel não compareceu à assembleia do Eterno?", porque num juramento solene se tinha prometido que todo aquele que deixasse de se reunir diante de Yahweh em Mispá seria executado.

6 Então, os filhos de Israel muito se afligiram e prantearam por seus irmãos benjamitas e exclamavam: "Hoje, uma tribo foi cortada de Israel!"

7 E se perguntavam: "Que faremos para encontrar esposas para os que se salvaram, pois juramos a Yahweh que não lhes daríamos nossas filhas em matrimônio?"

8 Então eles se informaram indagando: "Quem, dentre todas as tribos de Israel, não

Iinkokheli 21

AmaBhenjamin afunelwa abafazi

1Ke kaloku ngethuba amaSirayeli ayehlanganisene eMizpa ayebhambathisile phambi koNdikhoyo athi: "Asisoze sendisele iintombi zethu kumaBhenjamin."

2Ngoku ke amaSirayeli suke ahlanganisana phambi koThixo eBhetele; ahlala apho kwada kwahlwa, ehlahlamba ebindekile,

3esithi: "Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, ngani ukuba sihlelwe yinto enje? Ngani ukuba esinye isizwe sezizwe zakwaSirayeli sitshabalale siphele tu?"

4Ngentsasa elandelayo ke amaSirayeli akha iqonga apho, aza enza amadini atshiswayo kunye namadini obudlelwane.

5Abuzana athi: "Ngaba kukho indlu na yakwaSirayeli engazange iye kwimbizo esasinayo phambi koNdikhoyo eMizpa?" (Kaloku amaSirayeli ayenze isifungo esingqongqo, athi: "Nabani na ongayanga embizweni eMizpa uya kubulawa.")

6Ngoku ke amaSirayeli ayenxubile ngenxa yabazalwana bawo amaBhenjamin. Avakala esithi: "Namhlanje uSirayeli ulahlekelwe yenye yezindlu zakhe.

7Nithi makuthiweni ukuze la maBhenjamin aseleyo azuze abafazi? Kaloku sabhambathisa phambi koNdikhoyo sathi asisoze siwendisele iintombi zethu."

8Abuza ke amaSirayeli athi: "Ngaba kukho ndlu na ingazange iye eMizpa?" Afumanisa

compareceu diante de Yahweh em Mispá?" E chegou-se à conclusão de que nenhuma pessoa de Iavesh Guilad, Jabes-Gileade, tinha subido ao acampamento para a assembleia.

ukuba kwakungekho mntu waseJabheshe yaseGiliyadi.

[9] Contaram-se todos os que tinham atendido à convocação e, efetivamente, ninguém viera de Jabes-Gileade.

[9]Ngexesha lokuhlelwa komkhosi akubangakho mntu wayevela eJabheshe.

[10] Então a comunidade enviou para lá doze mil homens dos mais corajosos, com esta ordem expressa: "Ide e passai ao fio da espada todos os habitantes de Jabes-Gileade, inclusive as mulheres e crianças!

[10]Ngoko ke ibandla lakhupha ishumi elinambini lamawaka amajoni angoompondo-zihlanjiwe, lawayalela ukuba aye eJabheshe, afike abulale wonke umntu nomfazi nomntwana lo wembala.

[11] Portanto, assim procedereis: matareis todos os homens, e também toda mulher que já tiver se deitado com um homem, mas poupareis todas as virgens!" E assim fizeram.

[11]Kwathiwa: "Wabulaleni amadoda nabafazi, nisindise iintombi nto."

[12] Entre todos os habitantes da cidade de Jabes-Gileade foram encontradas quatrocentas virgens, moças que nunca haviam conhecido sexualmente algum homem, e as levaram ao acampamento em Siló, nas terras de Canaã.

[12]Ke apho eJabheshe afumana amakhulu amane eentombi ezingazananga nandoda, aza azithatha aya nazo esikhululweni eShilo kumhlaba waseKanana.

Dão-se quatrocentas mulheres aos benjamitas

[13] Então todos concordaram em enviar mensageiros aos benjamitas, na região do Rochedo de Ribom, com a missão de lhes comunicar uma proposta de paz.

[13]Ke ibandla lathumela kumaBhenjamin awayekumawa aseRimon, lawanikezela imiqathango yoxolo.

[14] Aí os benjamitas voltaram e receberam aquelas quatrocentas virgens de Jabes-Gileade. Contudo, não havia moças em número suficiente para todos os homens.

[14]Ke amaBhenjamin abuya, aza amaSirayeli awanikezela ezo ntombi zaseJabheshe eGiliyadi zazisindile; kambe ke zange ziwanele amaBhenjamin lawo.

[15] Então os demais israelitas ficaram com pena dos irmãos benjamitas, porquanto pela vontade de Yahweh abriu-se uma lacuna entre o número exato das tribos de Israel.

[15]AmaSirayeli avelana namaBhenjamin, kuba uNdikhoyo enze umsantsa phakathi kwezindlu zikaSirayeli.

[16] E os líderes da congregação israelita tomaram a seguinte decisão: “Considerando que estão mortas as mulheres de Benjamim, como conseguiremos esposas para os homens que restaram?

[16]Ngoko ke amadoda amakhulu athi: “Njengokuba betshatyalalisiwe nje abafazi kwaBhenjamin, sothini ukuyifumanela abafazi inxalenye yawo?”

[17] Os benjamitas sobreviventes precisam ter herdeiros, para que uma tribo de Israel não desapareça completamente.

[17]Aza athi: “Ingayinto embi ukuba kubekho indlu enqanyulwayo kwaSirayeli ngokungabi nazindlalifa. Makufunwe indlela yokuba indlu kaBhenjamin ingatshitshi.

[18] Quanto a nós, não mais poderemos entregar-lhes nossas filhas em casamento, pois nós filhos de Israel fizemos este juramento: Maldito seja todo aquele que der mulher a um benjamita.

[18]Kodwa thina ngokwethu asinako ukuyendisela iintombi zethu, njengoko senze isifungo sathi: ‘Nabani na owendisela intombi yakhe kwaBhenjamin uqalekisiwe.’

[19] Contudo, há a tradicional festa anual do SENHOR em Siló, ao norte de Betel, a leste da estrada que vai de Betel a Siquém, e ao sul de Lebona!”

[19]Kambe ke umbhiyozo waminyaka le kaNdikhoyo eShilo sowusondele.” Ke iShilo yayingasentla kweBhetele, ngezantsi kweLebhona, kwimpuma yendlela ephakathi kweBhetele neShekem.

[20] Orientaram, portanto, aos benjamitas: “Ide emboscai-vos nas vinhas.

[20]Ke ayalela amaBhenjamin athi: “Ze nihambe nifike nizímele ezidiliyeni,

[21] Vigiareis e, logo que as filhas de Siló saírem para executarem suas danças, saireis das vinhas e cada um de vós poderá apoderar-se de uma das moças de Siló, e, em seguida, partireis com elas para a terra de Benjamim.

[21]nilalele. Nakuphawula ukuba ziphumile iintombi zaseShilo, zingqungqa, phumani ezidiliyeni, ibe ngulowo nalowo azithathele umfazi apho kuzo, aye naye kwaBhenjamin.

[22] Se os pais ou irmãos delas chegarem até nós para se queixarem do ocorrido, dir-lhes-emos: “Conformai-vos, porque não pudemos conseguir mulher para cada um na guerra; e vós não podieis entregá-las a eles, porquanto, nesse caso, teríeis sido culpados, mas agora sois inocentes!”

[22]Ukuba ooyise okanye abanakwazo beze kuxambulisana nathi, sothi kubo: ‘Siyanibongoza, baveleni. Kaloku asibafumanelanga abafazi emfazweni. Kambe ke nina nimsulwa – kaloku bazithwele; abazinikwanga nini iintombi zenu.’ ”

[23] Assim agiram os benjamitas. Quando elas estavam dançando, cada homem tomou

[23]Ngenene ke amaBhenjamin ayenza loo nto; indoda nganye kuwo yazikhethela

para uma moça para si a fim de fazer dela sua esposa. Depois partiram retornando às suas heranças, reconstruíram suas cidades e nelas se estabeleceram.

[24] Na mesma época os demais filhos de Israel deixaram aquelas terras e voltaram cada qual à sua tribo e ao seu clã; cada um para o seu próprio território.

[25] Naqueles dias não havia rei em toda a terra de Israel, e cada pessoa fazia o que lhe parecia direito.

umfazi kwezo ntombi zazingqungqa eShilo, yayithwala, yagoduka nayo. Egodukile ke amaBhenjamin abuya azakha iidolophu zawo, abuya ema kuzo.

[24]Nawo ke amaSirayeli agoduka. Indoda nganye yaya kuxhamla ilifa layo emzini wayo kwisizwe sakowayo.

[25]Ke kaloku ngelo thuba kwakungekho kumkani kwaSirayeli; umntu ngamnye ke wayesenza unothanda.

Rute	URute

Rute 1

Noemi e suas noras Orfa e Rute

1 No tempo em que os juízes governavam sobre o povo israelita, sobreveio grande escassez de alimentos em toda a terra de Israel. Por este motivo, um certo homem de Bet-Léhem, Belém, cidade da região de Iehudá, Judá, partiu com sua esposa e seus dois filhos a fim de morar, ao menos por algum tempo, nas terras de Moabe.

[6] O SENHOR chamou novamente: “Samuel! Samuel! Então ele se levantou, foi até Eli e disse: “Tu me chamaste: aqui estou!” Mas Eli tornou a responder: “Eu não te chamei, filho meu; volta e deita-te.”

[7] Samuel ainda não conhecia o SENHOR, e a Palavra do SENHOR ainda não lhe havia sido revelada.

[8] Então o SENHOR chamou Samuel pela terceira vez. Ele se levantou, foi até Eli e disse: “Eis-me aqui, pois me chamaste!” E neste momento Eli compreendeu que Yahweh estava chamando o menino.

[9] E Eli orientou a Samuel: “Vai deitar-te, e se Ele te chamar de novo, dirás: ‘Fala, SENHOR, pois o teu servo está ouvindo.’ Assim, Samuel foi se deitar no seu lugar.

[10] O SENHOR voltou a chamá-lo como nas outras vezes: “Samuel! Samuel!” Ao que prontamente lhe respondeu o menino: “Fala, porque o teu servo ouve!”

[11] Então o SENHOR revelou a Samuel: “Eis que estou a ponto de realizar em Israel algo que fará tinir os ouvidos de todos os que ficarem sabendo.

[12] Na ocasião certa executarei contra Eli tudo o que prometi fazer à família dele, do começo ao fim!

[13] Porquanto Eu lhe afirmei que julgaria sua família para sempre, por causa do grave

[5]Wakhawuleza waya kuEli, wafika wathi: “Ndim lo; ubundibiza.” Wathi yena uEli: “Hayi, yiya kulala, mfo wam; andikhange ndikubize.” Waya kulala ke.

[6]UNdikhoyo wabuya wambiza uSamweli. Wavuka ke umfana, waya kwakuEli, wathi: “Mhlekazi, uyandibiza. Ndim lo!” Kambe yena uEli wathi: “Hayi, andikubizanga; yiya kulala, mfo wam.”

[7]Phofu umfana lo yena wayengekamazi uNdikhoyo; kaloku uNdikhoyo wayengekazityhili kuye ngelizwi lakhe.

[8]UNdikhoyo wabuya wambiza uSamweli isihlandlo sesithathu. Wavuka uSamweli, waya kwakuEli, wafika wathi: “Ndim lo, mhlekazi; ubundibiza.” Waqonda ngoku uEli ukuba nguNdikhoyo lo umana ebiza lo mfana.

[9]Wathi uEli kuye: “Hamba wena, yiya kulala. Xa ubuye weva ubizwa, uze uthi: ‘Thetha, Ndikhoyo; isicaka sakho siphulapule.’ ” Waya kulala ke uSamweli emandlalweni wakhe.

[10]Waza uNdikhoyo weza wema apho, wabiza kwakhona esithi: “Samweli! Samweli!” Wasabela uSamweli wathi: “Thetha; siphulaphule isicaka sakho.”

[11]Wathi ke uNdikhoyo kuSamweli: “Uyabona, ndiza kwenza into kwaSirayeli eya kutsho zithi nzwii iindlebe zabantu bonke abaya kuyiva.

[12]Umlomo wam ngomzi kaEli ndiza kuwufezekisa ngaloo mini, ndisuse ekuqaleni ndise esiphelweni.

[13]Phofu ke sendimxelele ukuba umzi wakowabo ndiza kuwohlwaya

pecado dos seus filhos, do qual ele tinha plena consciência; seus filhos se fizeram desprezíveis e blasfemadores contra a minha pessoa, e ele não os puniu.

[14] Por esse motivo jurei à família de Eli: 'Jamais se fará expiação por esta família, nenhum sacrifício ou oferta de manjares será suficiente para apagar a culpa do seu terrível pecado'"

Samuel conta a visão a Eli

[15] Samuel ficou deitado até o romper do dia e então abriu as portas do aposento onde estava na Casa do SENHOR. Ele teve receio de contar a Eli tudo o que vira e ouvira.

[16] Contudo, Eli o chamou para perto de si: "Samuel, meu filho!" Ao que prontamente respondeu Samuel: "Eis-me aqui!"

[17] Então Eli lhe interrogou: "Filho, o que foi que Deus te revelou? Não escondas nada de mim; Deus te castigue duramente, se esconderes de mim uma só palavra de tudo o que Ele te comunicou!"

[18] Diante disso, Samuel contou-lhe tudo o que ouvira, sem lhe poupar de nenhum detalhe. Então Eli exclamou: "Ele é Yahweh, o SENHOR! Que Ele faça o que bem parecer aos seus olhos.

[19] Enquanto Samuel crescia, o SENHOR estava com ele, e fazia com que todas as palavras do jovem, de fato, se cumprissem.

[20] Todo o Israel, desde Dã até Berseba, reconhecia que Samuel estava confirmado como verdadeiro profeta do SENHOR.

[21] E o SENHOR continuou aparecendo em Siló, onde havia se revelado a Samuel por meio de sua Palavra.

ngokupheleleyo ngenxa yesono asaziyo soonyana bakhe. Kaloku oonyana bakhe balinyelisa igama lam, waza yena akabakhalimela.

[14]Ke ngoko ndifunge ndathi kumzi kaEli: 'Akukho dini namnikelo uya kuze ube nako ukulicamagushela ityala lakho.' "

[15]USamweli wangqengqa kwada kwasa. Uthe akuvuka, wavula iingcango zendlu yakwaNdikhoyo. Woyika ukubalisela uEli ngombono wakhe.

[16]Ke kaloku uEli wambiza uSamweli, wathi: "Samweli, mfo wam!" Waphendula uSamweli wathi: "Ndim lo!"

[17]Wambuza esithi: "Lizwi lini na eli uNdikhoyo alithethe kuwe? Musa ukundifihlela; ndixelele. UThixo uya kuba nento yokwenza nawe ukuba akundixeleli into yonke ayithethileyo."

[18]Wachaza konke ke uSamweli, akafihla nto. Watsho wathi uEli: "Nguye uNdikhoyo; makenze loo nto abona ukuba ifanele ukwenziwa."

[19]Waya ekhula uSamweli, uNdikhoyo enaye, zaza nezinto ezathethwa nguSamweli zazalisekiswa.

[20]AmaSirayeli, ukususela eDan kuye eBheshebha, aqonda ukuba uSamweli wayengumshumayeli onyanisekileyo kaNdikhoyo.

[21]UNdikhoyo ke wathi rhoqo ukuvela eShilo, apho wazityhila khona ngezwi lakhe kuSamweli.

1 Samuel 4

Os filisteus vencem os israelitas

[1] E a palavra de Samuel se espalhava e era respeitada em todo o Israel.

[2] Os filisteus organizaram sua frente de combate em linha para enfrentar Israel, e depois de violentos embates, Israel foi derrotado pelos filisteus, que mataram cerca de quatro mil israelitas no campo de batalha.

[3] Quando os sobreviventes chegaram ao acampamento, os anciãos e líderes de Israel indagaram-lhes: “Por que fez hoje o SENHOR que fôssemos feridos e vencidos pelos filisteus? E concluíram: “Vamos a Siló buscar a Arca do nosso Deus: que venha para o nosso meio e nos livre da mão de nossos inimigos.

[4] Então as autoridades do povo mandaram trazer de Siló a Arca da Aliança do SENHOR dos Exércitos, que está entre os querubins; e os dois filhos de Eli, Hofni e Finéias, acompanhavam a Arca de Aliança de Deus.

[5] Assim que a Arca da Aliança do SENHOR chegou ao acampamento, todo Israel começou a gritar tão alto, que o chão ao redor estremeceu.

[6] Os filisteus ouviram aquele brado extraordinário e exclamaram: “Que significa esse forte grito no acampamento dos

1 Kasamweli 4

[1]Ilizwi likaSamweli lafikelela kumaSirayeli onke.

Ukuthinjwa kwetyesi yomnqophiso

Aphuma amaSirayeli, ahlangabezana namaFilistiya ukuya kulwa nawo. AmaSirayeli amisa e-Ebhenezere; wona amaFilistiya amisa eAfeki.

[2]AmaFilistiya akha uluhlu ukukhawulela amaSirayeli, kwahlanganwa, zanqoza, aswantsuliswa amaSirayeli ngamaFilistiya, kwawa amawaka amane amaSirayeli kwelo dabi.

[3]Ukufika kwawo ekampini amajoni asindileyo edabini akhuza amadoda amakhulu, athi: “Ngani ukuba namhlanje uNdikhoyo asiyekele siswantsuliswe ngamaFilistiya? Masiye kuphuthuma ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eShilo, ibe lapha phakathi kwethu, khon' ukuze isisindise esandleni seentshaba zethu.”

[4]Kwathunywa izigidimi eShilo ukuba ziye kuphuthuma ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo onamandla onke, yena ongqongwe zizithunywa ezimaphiko. Kweza noonyana bakaEli uHofeni noPineyasi, bekhapha ityesi yomnqophiso.

[5]Atsho ngentlokomakazi enkulu amaSirayeli ukufika kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo ekampini, watsho wanyikima umhlaba!

[6]Athi akuyiva loo ntswahla amaFilistiya, athi: “Yeyantoni na le ntsholo ingaka ekampini yamaSirayeli?” Athe akuva ukuba

hebreus?" Quando foram avisados de que a Arca da Aliança do SENHOR havia chegado ao acampamento dos hebreus,

7 grande temor tomou conta dos filisteus e comentavam entre si: "Deus veio ao acampamento dos hebreus! Ai de nós! Nunca aconteceu algo assim!

8 Ai de nós! Quem poderá nos salvar destes poderosos deuses? São os mesmos deuses que feriram os egípcios com toda espécie de pragas no deserto."

9 E concluíram: "Sede fortes, ó filisteus, e sede homens corajosos, a fim de que não vos torneis escravos dos hebreus, como eles foram vossos escravos no passado. Sede homens e lutai bravamente!"

10 E assim, os filisteus partiram para a luta e Israel acabou sendo vencido; cada israelita teve que fugir correndo para a sua tenda. O massacre foi enorme e horrível: Israel perdeu trinta mil soldados a pé.

A arca é tomada. Hofni e Fineias são mortos

11 Então os filisteus se apossaram da Arca de Deus, e Hofni e Finéias, os filhos de Eli, foram mortos.

12 Naquele mesmo dia um homem de Benjamim correu da frente de guerra até Siló, com as roupas rasgadas e terra na cabeça.

13 Quando ele chegou, Eli estava sentado em sua cadeira, ao lado da estrada. Estava muito angustiado, pois em seu coração temia pela Arca de Deus. O homem entrou na cidade, contou tudo sobre a matança que

kufike ityesi kaNdikhoyo ekampini yamaSirayeli,

7ankwantya kukoyika amaFilistiya, esithi: "Kufike uThixo ekampini yamaSirayeli! Yehaa! Ayizange ibekho into enjengale ngaphambili!

8Sifile thina! Yaz'ba sosinda kanjani na esandleni salo Thixo unamandla? Asinguye na owabatshabalalisela entlango ngezibetho amaJiputa?

9Yomelelani, maFilistiya! Yibani ngamadoda, hleze nathi sibe zizicaka zamaSirayeli kanye njengoko nawo ayezizicaka zethu! Kuf' ayayo, madoda!"

10Alwa ke amaFilistiya, awaswantsulisa amaSirayeli, aya kutshona ngezindlu zawo. Kwajub' ugodo kwelo dabi, kwawa amashumi amathathu amawaka amajoni akwaSirayeli.

11Yathinjwa ngamaFilistiya ityesi yomnqophiso kaThixo, oonyana bakaEli uHofeni noPineyasi basala apho itshoba lilel' umbethe.

Ukufa kukaEli

12Kwabakho mfo uthile wakwaBhenjamin owaxhina ukusuka edabini, waya kugaleleka eShilo kwangaloo mini. Izambatho zakhe zazikrazukile, intloko izele luthuli.

13Ukufika kwaloo mfo uEli wayehleli ecaleni kwendlela, ejonge enkalweni, exhalele ityesi yomnqophiso. Loo ndoda yaziphalaza esixekweni ezo ndaba zimbi, kothuka wonke umntu, yaba sisikhalo sodwa.

ocorrera, e imediatamente a cidade inteira começou a gritar e se lamentar.

14 Eli ouviu o clamor do povo ao longe e perguntou: "Que grande alarido é esse na cidade?" E o benjamita se apressou e veio correndo trazer as notícias a Eli.

15 Estava Eli com noventa e oito anos de idade, seus olhos, já fracos, não se moviam mais, e ele não conseguia mais enxergar.

16 Assim que o encontrou o mensageiro lhe disse: "Estou chegando do campo de batalha; consegui fugir das fileiras e hoje mesmo vim correndo de lá até aqui!" Diante do que Eli indagou-lhe: "O que aconteceu, meu filho?"

17 E o homem lhe deu a notícia: "Israel teve que fugir dos filisteus, e terrível carnificina, fomos derrotados e seus dois filhos, Hofni e Finéias, estão mortos. Além de tudo, os filisteus tomaram a Arca de Deus!"

A morte de Eli e da mulher de Fineias

18 Assim que o mensageiro mencionou a Arca de Deus, Eli caiu da cadeira para trás, próximo do portão da cidade, onde estava, quebrou o pescoço, e morreu, porquanto era idoso e obeso. Eli julgou e liderou o povo de Israel durante quarenta anos.

19 A nora de Eli, a esposa de Finéias, estava grávida e já quase na época de ter seu bebê. Quando ela recebeu a notícia de que a Arca de Deus havia sido tomada pelos filisteus e que o seu sogro e seu marido haviam morrido, começou a sentir fortes dores de parto e deu à luz.

14Akusiva eso sijwili uEli wabuza wathi: "Yintoni unobangela wale ngxolo?" Loo ndoda yakhawuleza yaya kuEli.

(15Wayeselemashumi alithoba nesibhozo ubudala uEli, selephants' ukuba yimpumputhela yexhego.)

16Yamxelela loo ndoda uEli, yathi: "Ndibhungce edabini kwanamhlanje, ndaxhina okoko ukuza apha." "Kwenzekeni, mfo wam?" kubuza uEli.

17Wathi loo mfo ubhunce edabini ukuphendula: "AmaSirayeli aswantsulisiwe ngamaFilistiya, yaye kufe amaSirayeli amaninzi, noonyana bakho uHofeni noPineyasi baphakathi kwaloo madoda awileyo. Ndithi kuthinjwe nkqu netyesi kaThixo leyo."

18Uthe akuva kukhankanywa netyesi yomnqophiso uEli, waphequka kweso sihlalo sakhe ngasesangweni, wophuka ilungu lentamo, wafa. Kaloku wayeselaluphele, ekwanesiqu. Wayeyinkokheli kwaSirayeli iminyaka engamashumi amane.

Ukufa komka-Pineyasi

19Ngelo xesha umolokazana kaEli, umka-Pineyasi, wayekhulelwe, seleza kukhululeka. Wathi ke akuziva iindaba zokuthinjwa kwetyesi yomnqophiso kaThixo, nokuba uyisezala kunye nomyeni wakhe abasekho, wasuka waguqa, wazala. Zamongamela iintlungu zokubeleka.

[20] Ela estava morrendo, mas as mulheres que a ajudavam lhe rogaram: “Tenha coragem! Anima-te, porque tiveste um filho!” Ela, porém, nem conseguiu responder nem dar atenção.
[21] Ela deu ao menino o nome de I-Cavod, Icabode, querendo dizer: “Foi-se a Glória de Israel!”, aludindo ao fato de a Arca de Deus ter sido tomada, e por causa da morte de seu sogro e de seu marido.
[22] E completou afirmando: “A Glória foi exilada de Israel, porque a Arca de Deus nos foi tirada.”

1 Samuel 5

A arca, na terra dos filisteus, causa-lhes aflições

[1] Depois de tomarem a Arca de Deus, os filisteus a levaram de Even Haézer, Ebenézer para a cidade de Ashdod, Asdode,
[2] e a depositaram no templo que eles dedicaram ao deus Dagom , ao lado de sua estátua.
[3] No dia seguinte, ao romper da manhã, os moradores de Asdode observaram que a imagem de Dagom estava caída de cara no chão, exatamente da frente da Arca do SENHOR! Imediatamente eles ergueram a estátua de Dagom e a colocaram de volta em seu lugar.
[4] Contudo, na manhã seguinte, quando se levantaram ao raiar do dia, lá estava novamente Dagom caído, rosto em terra, diante da Arca do SENHOR! As mãos e a cabeça da estátua de Dagom haviam sido quebradas e estavam sobre a soleira; só o seu corpo ficou no lugar.
[5] É por este motivo que até hoje os sacerdotes de Dagom e todos os que o

[20]Kwathi xa aqhawukayo, abafazi ababembelekisa bathi kuye: “Qina, mfazi; uzele inkwenkwe.” Yena wasuka akaphendula, akabahoya nokubahoya oku.
[21]Wathi igama laloo mntwana nguIkabhodi, esithi: “Udumo lumkile kwaSirayeli,” kuba ityesi kaThixo ibithinjiwe, uyisezala nomyeni wakhe nabo babeswelekile.
[22]Wathi: “Udumo lumkile kwaSirayeli, kuba ityesi kaThixo ithinjiwe.”

1 Kasamweli 5

Ityesi yomnqophiso kwelamaFilistiya

[1]Ayithatha amaFilistiya ityesi kaThixo e-Ebhenezere, ayisa eAshdode.
[2]Apho afika ayingenisa endlwini yothixo wawo uDagoni, ayimisa ecaleni kwakhe.
[3]Ngentsasa elandelayo amaFilistiya afika, tyhini uDagoni uthe qungqululu emhlabeni, ewe ngobuso ngaphambi kwetyesi kaNdikhoyo! Babuya bammisa kwasendaweni yakhe uDagoni.
[4]Kwakhona ngentsasa elandelayo bafike tyhini kwakhona nanko uDagoni equngqeluze ngaphambi kwetyesi kaNdikhoyo! Ngoku wayeqhawuke intloko nezandla, zingasemgubasini wendlu leyo, yena uDagoni esele esisibhukubhuku nje.
([5]Unanamhla oku ababingeleli bakaDagoni, nabani na ongena endlwini kaDagoni

adoram em Asdode, não pisam sobre o patamar junto a entrada da porta do seu templo.

eseAshdode, uyawutsiba umgubasi ngenxa yale ntlekele.)

6 Passados estes acontecimento a mão do SENHOR pesou sobre o povo de Asdode e das cidades vizinhas, trazendo destruição sobre todos eles e afligindo-os com pestes e tumores diversos.

6UNdikhoyo wabaphatha gadalala abantu baseAshdode neziphaluka zayo. Wabathobela izibetho, wabathuthumbisa ngamathumba.

7 Quando os habitantes de Asdode notaram o que estava acontecendo em toda parte, exclamaram: “Não fique mais conosco a Arca do Deus de Israel, porque a sua mão se endureceu contra nós e contra o nosso deus Dagom!”

7Athi amadoda alapho akuqonda le meko: “Le tyesi yoThixo wamaSirayeli mayisuke apha phakathi kwethu. Naku esimise kakubi kunye noDagoni uthixo wethu.”

8 Então mandaram que alguns mensageiros fossem chamar todos os cinco príncipes filisteus e lhes indagaram: “Que devemos fazer com a Arca do Deus de Israel?” E, tomaram a seguinte decisão: “A Arca do Deus de Israel seja transportada imediatamente a Gate!” E então levaram a Arca do Deus de Israel.

8Kwabizwa intlanganiso yeenkosi zamaFilistiya, kwabuzwa kuzo kwathiwa: “Nithi mayithiweni na le tyesi yoThixo wamaSirayeli?” Zaphendula zathi: “Mayisiwe eGati ityesi yoThixo wamaSirayeli.” Yasiwa apho ke.

9 Entretanto, logo depois que a Arca chegou àquela cidade, o SENHOR Deus castigou severamente aquele povo e pôs medo em todos habitantes daquela região. Surgiram tumores em todas as pessoas de Gate; nos idosos e nos jovens, tanto nas mais importantes e ricas como nas mais humildes e pobres.

9Nalapho uNdikhoyo wabamisa kakubi abantu, batsho bazizantanta, wabathuthumbisa ngamathumba, omncinci nomdala ngokufanayo.

10 Então enviaram a Arca de Deus para Ecrom. Quando a Arca de Deus estava entrando na cidade de Ecrom, o povo começou a gritar: “Eis que trouxeram a Arca do Deus de Israel para nos destruir a nós e toda a nossa gente!”

10Yadluliselwa e-Ekron ityesi yomnqophiso kaThixo. Yathi isafikanje abantu balapho bakhalaza besithi: “Baze kusibulalisa ngalaa tyesi yoThixo wamaSirayeli thina nabantu bethu!”

[11] E, imediatamente, enviaram mensageiros a todos os príncipes governadores dos filisteus com a seguinte súplica: “Devolvei o quanto antes a Arca do Deus de Israel: que ela retorne ao seu lugar e não mais provoque a nossa destruição e o sofrimento do nosso povo!” Em verdade, um grande pavor da morte se observava em todos os habitantes daquela cidade, tanto pesara a poderosa mão de Deus ali.

[12] Aqueles que não morriam rapidamente eram afligidos com vários tumores, e gritos de dor e aflição subiam incessantemente ao céu.

1 Samuel 6

Os filisteus enviam a arca para fora da sua terra

[1] Quando já haviam passados sete meses que a Arca do SENHOR estava nas terras dominadas pelos filisteus,

[2] então eles decidiram chamar os seus sacerdotes, magos e adivinhadores e lhes indagaram: “Que devemos fazer com a Arca do Deus de Israel? Dizei-nos como havemos de devolvê-la ao seu devido lugar!”

[3] Então aqueles sábios lhes orientaram: “Que desejais devolver adequadamente a Arca do Deus de Israel, não a envieis vazia, porém mandai com ela uma oferta generosa pela reparação de culpa. Assim sereis curados e sabereis por que a mão do Deus de Israel persiste em castigá-los!”

[4] Diante disso os líderes filisteus perguntaram: “Mas, qual deve ser a reparação que haveremos de pagar?” Responderam-lhes: “De acordo com o número dos príncipes filisteus, cinco esculturas em ouro no formato de tumores e

[11]Abantu balapho babiza iinkosi zamaFilistiya, babhekisa kuzo bathi: “Sincedeni; yisuseni apha kuthi le tyesi yoThixo wamaSirayeli. Mayibuyele kowayo, hleze isibulale thina nabantu bethu.” Kaloku bonke abantu besixeko babenkwantyisiwe kukufa, kuba uThixo wayebamise kakubi.

[12]Abantu abangafanga babethuthunjiswa ngamathumba, senyuka isikhalo sesixeko, sada savakala nasezulwini.

1 Kasamweli 6

Ukugoduswa kwetyesi yomnqophiso

[1]Yaba ziinyanga ezisixhenxe ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo ikwelamaFilistiya.

[2]Andula ke amaFilistiya ukubiza ababingeleli noosiyazi balapho, bathi kubo: “Masiyithini na ityesi kaNdikhoyo? Kufuneka sithini na ukuyigodusa?”

[3]Baphendula ababingeleli noosiyazi bathi: “Kaloku xa niyigodusa ityesi yoThixo wamaSirayeli, kufuneka ikhatshwe ngento yokungxengxezela ityala, ingahambi ingaphethe nto. Xa nenjenjalo niya kuphila, nitsho niyiqonde nembangi yokuba athi rhoqo ukunohlwaya uThixo kaSirayeli.”

[4]Abuza amaFilistiya athi: “Ingakhatshwa ngantoni na yokungxengxezela ityala?” Bathi ukuphendula ababingeleli: “Kaloku kufuneka niyikhaphe ngamathumba amahlanu awenziwe ngegolide, kunye neempuku ezintlanu ezenziwe ngegolide;

cinco de ratos, porquanto foi essa a praga que vós e os vossos governantes sofrestes.

inye kwezo nto imele inkosi yamaFilistiya nganye. Kaloku nonke nabethwa ngobhubhani ngokufanayo kunye neenkosi zenu zontlanu.

5 Fazei imagens dos vossos tumores e imagens dos vossos ratos, que devastam a vossa terra, e dai glória ao Deus de Israel. É bem possível que este gesto alivie a mão de Deus de cima de vós, do vosso deus e de toda a terra onde habitais!

5Ze niyenze ke, bethu, le mifuziselo yamathumba enu nezi mpuku zenu zibhubhisa ilizwe, nimzukise uThixo wamaSirayeli. Mhlawumbi ke angatsho apheze ukunibetha nina kunye noothixo benu nelizwe lenu.

6 Por que endureceríeis o vosso coração como o fizeram os egípcios e Faraó? Somente quando Deus os tratou com grande rigor e humilhação foi que eles deixaram os israelitas seguirem o seu caminho!

6Yini ukuba niqaqadeke, nixele amaJiputa nokumkani wawo? Kaloku uThixo wawaphatha gadalala amaJiputa, aza awayeka amaSirayeli agoduka.

7 Portanto, agora tomai e preparai um carro novo e duas vacas com cria, sobre as quais não tenha ainda sido colocada qualquer tipo de canga; atrelai as vacas à carroça e mandai os bezerros de volta ao curral.

7“Ngoko ke yenzani inqwelo entsha, nize neemazi ezimbini ezinamankonyane ezingayaziyo idyokhwe. Zibopheni, wona amankonyane niwafake esibaya.

8 Tomai, então, a Arca de Deus e colocai-a sobre a carroça. Quanto aos objetos de ouro que estais enviando como oferta pela culpa, depositá-los-eis numa caixa-forte, ao lado da Arca, e a deixareis partir.

8Ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo ze niyilayishe kuloo nqwelo, nize ecaleni layo nibeke ibhokisi enalaa mifuziselo yenziwe ngegolide, leyo ningxengxeza ngayo kuye. Nize ke iimazi niziyeke zizihambele.

9 Observai atentamente, porém, se o carro tomar o caminho em direção a cidade de Bet-Shémesh, Bete-Semes, isso significa que foi o Deus dos israelitas que, de fato, nos mandou todo este terrível mal. Entretanto, se isso não acontecer, então quer dizer que não foi Ele quem nos castigou com toda esta praga, e sim que ela veio por acaso.

9Ze nijonge ke. Xa inqwelo ithe yasinga kowayo ngaseBhete-shemeshe, soqonda ngaloo nto ukuba kuthe kanti nguThixo kaSirayeli lo usithumele le ntlekele. Kodwa ke ukuba ayiyanga ngakhona siya kwazi ukuba asinguye obesithuthumbisa, yinto nje efane yehla.”

10 E os filisteus fizeram o que os seus sacerdotes e feiticeiros haviam orientado: pegaram duas vacas e as amarraram a uma

10AmaFilistiya enze njengoko ayeyalelwe. Abopha iimazi zambini, awavalela esibaya amankonyane.

carroça nova e prenderam seus bezerros no curral.

[11] Em seguida, colocaram a Arca do SENHOR sobre a carroça e junto dela um cofre em forma de caixa com os ratos de ouro e as imagens dos tumores.

[11]Ayilayisha ityesi yomnqophiso enqweleni, ayilayisha naloo bhokisi iphethe imifuziselo yeempuku namathumba eyenziwe ngegolide.

[12] E aconteceu que as vacas se movimentaram diretamente com destino a Bete-Semes e mantiveram-se resolutas nesta estrada, mugindo por todo o caminho, e não se desviaram um só momento, nem para a direita nem para a esquerda. E os governantes e líderes dos filisteus as seguiram até a fronteira de Bete-Semes.

[12]Zenjenjeya ukusinga ngaseBhete-shemeshe ezo mazi, zithe ngqo endleleni, zihamba zinxakama njalo, zingatyekeli ngasekhohlo nasekunene. Zona iinkosi zamaFilistiya zazilandela zada zaya kuma ngomda waseBhete-shemeshe.

A arca chega a Bete-Semes

[13] Entrementes, o povo de Bete-Semes estava colhendo trigo no vale e, assim que avistaram a Arca da Aliança voltando, alegraram-se grandemente.

[13]Ukuthi gqi kwayo ityesi yomnqophiso abantu baseBhete-shemeshe babesentlanjeni, bevuna ingqolowa. Yeka ke imincili yabo bakuyibona ityesi yomnqophiso!

[14] Aquele carro filisteu, puxado pelas duas vacas, chegou ao campo de Josué, de Bete-Semes, e ali parou ao lado de uma grande rocha. Em seguida, cortaram toda a madeira da carroça para o fogo e ofereceram as vacas em holocausto a Yahweh.

[14]Loo nqwelo yaya kuma malunga nelitye elikhulu entsimini yomfo ekwakusithiwa nguYoshuwa waseBhete-shemeshe. Bayinqunqa yaziinkuni loo nqwelo, baxhela nezo mazi, benzela ngazo uNdikhoyo idini elitshiswayo.

[15] Então os levitas desceram a Arca do SENHOR e o cofre com os objetos de ouro e haviam depositado tudo sobre a grande pedra. E naquele dia o povo de Bete-Semes apresentou ao SENHOR ofertas que foram totalmente queimadas e também sacrifícios de animais.

[15]AbaLevi bayithula ityesi yomnqophiso kunye naloo bhokisi yayinemifuziselo eyenziwe ngegolide, bazibeka phezu kwelo litye likhulu. Abemi baseBhete-shemeshe benzela uNdikhoyo iminikelo kunye namadini atshiswayo.

[16] Os cinco príncipes filisteus observaram tudo isso e no mesmo dia retornaram para Ecrom.

[16]Emva kokuba zibukele iinkosi zamaFilistiya zabuyela e-Ekron kwangaloo mini.

[17] As esculturas de ouro simbolizando os tumores que os filisteus pagaram em reparação pelos seus pecados contra o SENHOR foram destinadas uma por cidade. E assim enviaram uma peça de ouro para: Asdode, Gaza e Ecrom.

[18] O número dos ratos de ouro foi de acordo com o número de cidades filistéias que pertenciam aos cinco príncipes filisteus, isto é, tanto as cidades fortificadas, protegidas por muralhas, como as aldeias e povoados vizinhos. A grande pedra sobre a qual depositaram a Arca do SENHOR, é até nosso dias uma testemunha no campo de Josué, de Bete-Semes.

[19] No entanto, setenta homens de Bete-Semes, sendo que cinquenta deles eram daqueles que andam aos milhares, filhos de Jeconias, cometeram o pecado de olhar para dentro da Arca de Yahweh, e por este motivo o SENHOR os matou. E o povo muito se lamentou, chorou e ficou de luto, por causa dessa grande matança que Deus fez cair sobre sua gente.

[20] Então os habitantes de Bete-Semes exclamaram: "Quem poderá, de agora em diante, permanecer na presença de Yahweh, o Deus Santo? Para quem deveremos enviar a sua Arca, a fim de que Ele se afaste de nós?"

[21] Em seguida mandaram mensageiros aos moradores de Kiriat-Iearim, Quiriate-Jearim, com estas palavras: "Os filisteus restituíram a Arca da Aliança do Eterno. Descei, portanto, e levai-a para vós!"

1 Samuel 7

[17]AmaFilistiya ayethumele imifuziselo yamathumba emihlanu enziwe ngegolide, engxengxeza ngayo kuNdikhoyo. Umfuziselo ngamnye wawumele isixeko. Ezo zixeko yayiyiAshdode, iGaza, iAshkelon, iGati, kunye ne-Ekron.

[18]Bathumela kwanemifuziselo yeempuku ezenziwe ngegolide. Impuku nganye yayimele isixeko ngasinye sezo nkosi zintlanu zamaFilistiya, nditsho izixeko ezibiyelweyo kunye neziphaluka zazo. Elo litye lalisentsimini kaYoshuwa waseBhete-shemeshe lisemi apho unanamhla oku, libubungqina bento eyehla apho.

[19]UNdikhoyo wababetha abemi baseBhete-shemeshe, kwafa abangamashumi asixhenxe, kuba kaloku basuka bayijonga ityesi yomnqophiso. Kwazilwa ngabemi balapho, kuba uNdikhoyo ebhubhise abantu abaninzi kangaka.

Ityesi yomnqophiso eKiriyati-yarim

[20]Abemi baseBhete-shemeshe bathi: "Kambe ke ngubani onako ukuma phambi koNdikhoyo, lo Thixo wahluke kangaka? Singayithumela phi ityesi yakhe ukusuka apha?"

[21]Bathumela izigidimi eKiriyati-yarim ukuba ziye kuthi kubemi balapho: "Ayibuyisile amaFilistiya ityesi yomnqophiso. Yizani niyiphuthume."

1 Kasamweli 7

[1] Então os homens de Quiriate-Jearim, cidade de Jearim, vieram para levar a Arca do SENHOR. E eles a conduziram para a casa de Abinadabe, na colina, e consagraram seu filho Eleazar para guardar a Arca de Yahweh.

Samuel exorta ao arrependimento

[2] Desde o dia em que a Arca do SENHOR foi instalada em Quiriate-Jearim, um longo tempo se passou; foram vinte anos. E todo o povo de Israel clamava e buscava o SENHOR por meio de súplicas.

[3] E aconteceu que Samuel declarou a toda a Casa de Israel: "Se é de todo o vosso coração que desejais voltar-vos para Yahweh, tirai imediatamente do meio de vós os deuses pagãos, estrangeiros e todas as imagens da deusa Astarote! Dedicai inteiramente o vosso coração ao SENHOR e adorai somente a Ele. Então Ele vos livrará da mão dos filisteus!"

[4] Em seguida, todos os israelitas jogaram fora suas várias imagens de Baal, Astarote e outros deuses e passaram a reverenciar exclusivamente a Deus, o SENHOR.

[5] E Samuel prosseguiu proclamando: "Reuni, pois, todo o Israel em Mispá, para que eu possa interceder por vós perante Yahweh!"

[6] Reuniram-se em Mispá, tiraram água e derramaram diante do SENHOR, jejuaram naquele dia e confessaram: "Pecamos contra Yahweh, o SENHOR!" E foi em Mispá que Samuel passou a julgar e governar todo o povo de Israel.

Os filisteus são vencidos

[7] Logo que os filisteus foram informados que os israelitas se haviam reunido em

[1]Abemi baseKiriyati-yarim baya kuyiphuthuma ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bayisa emzini ka-Abhinadabhi owawusendulini. Bamisela uElazare, unyana waloo mfo, ukuba ibe nguye ogcina ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

USamweli uba yinkokheli kwaSirayeli

[2]Yahlala ithuba elide ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eKiriyati-yarim. Yaba ngamashumi amabini eminyaka ilapho. Ngelo xesha onke amaSirayeli ayezibika kuNdikhoyo ukuba awancede.

[3]Ngoko ke uSamweli wathi kwindlu yonke kaSirayeli: "Ukuba ngenene nibuyele kuNdikhoyo ngentliziyo epheleleyo, kufuneka nahlukane noothixo basemzini bonke, nilahle nemifanekiso yothixokazi uAshtaroti. Kufuneka nizimisele nizinikele kuNdikhoyo ngokupheleleyo, nikhonze yena yedwa. Yena ke wonihlangula esandleni samaFilistiya."

[4]AmaSirayeli ke ayilahla imifanekiso kaBhali noAshtaroti, akhonza uNdikhoyo yedwa qwaba.

[5]Emva koko uSamweli wathi: "Onke amaSirayeli makahlangane eMizpa. Mna ke ndiya kunithandazela kuNdikhoyo."

[6]Kwayiwa ke eMizpa kuloo mbizo, kwakhiwa amanzi, aza aphalazwa, kusenziwa umnikelo kuNdikhoyo. Kwakuzilwe imini yonke, abantu besithi: "Sinetyala kuNdikhoyo." (NguSamweli owaba yinkokheli yamaSirayeli eMizpa.)

[7]Athi akuva amaFilistiya ukuba nâko amaSirayeli eqokelelene eMizpa, aphuma

assembléia em Mispá, os príncipes, líderes do povo filisteu, subiram com o objetivo de atacar Israel. Sabendo disso, os filhos de Israel sentiram grande medo dos soldados filisteus.

ekhokelwa ziinkosi zawo ukuya kuhlasela amaSirayeli. Zaya kufika kumaSirayeli ezo ndaba, atsho awoyika amaFilistiya,

8 Correram para Samuel e lhe rogaram: "Não cesses de invocar o Nome de Yahweh, nosso Deus, para que Ele nos salve das mãos dos filisteus!"

8athi kuSamweli: "Uze ungayeki ukusitarhuzela kuNdikhoyo uThixo wethu, khon' ukuze asihlangule kumaFilistiya."

9 Então Samuel tomou um cordeirinho ainda não desmamado e o ofereceu inteiro como holocausto ao SENHOR pelo povo de Israel, e Yahweh o ouviu e respondeu à sua oração.

9USamweli wathatha itakane, wenzela uNdikhoyo ngalo idini elitshiswayo lilonke. Wacelela amaSirayeli uncedo kuNdikhoyo, weviwa nguNdikhoyo umthandazo wakhe.

10 Enquanto Samuel estava queimando completamente o sacrifício que oferecia a Deus, os filisteus atacaram Israel, mas, naquele dia, porém, o SENHOR trovejou com fortíssimo estrondo contra o exército filisteu, colocou todos os soldados em pânico e foram derrotados por Israel.

10Kanye xa uSamweli wayesenza elo dini, asondela amaFilistiya, elungiselela ukuhlasela amaSirayeli. Kuthe kanye ngoko kwavakala ukuzongoma kukaNdikhoyo, kusiza ngakumaFilistiya, atsho adideka, awabaleka amaSirayeli.

11 As forças militares de Israel saíram de Mispá e perseguiram os filisteus até uma certa região localizada abaixo de Bete-Car, exterminando-os pelo caminho.

11Asuka indulumbane amaSirayeli, ephuma eMizpa, awaleqa kujub' ugodo ukuya ngaseBhete-kare.

12 Então Samuel mandou que uma pedra fosse erguida entre Mispá e Sem; e deu-lhe o nome de Éven-Haézer, Ebenézer, que significa "Rocha do Socorro", querendo dizer: "Até aqui nos ajudou o SENHOR!"

12Emva koko uthathe ilitye lalinye uSamweli, walimisa phakathi kweMispa neShen, wathi igama laloo ndawo yiEbhenezere, esithi: "Kude kwakalokunje uNdikhoyo esinceda."

13 Deste modo os filisteus foram derrotados, e o SENHOR Deus não permitiu que eles invadissem as terras de Israel durante todo o tempo em que Samuel viveu.

13Kwaba njalo ke ukoyiswa kwamaFilistiya, ayeka ukuhlasela ummandla kaSirayeli. Ngalo lonke ixesha esaphila uSamweli isandla sikaNdikhoyo sasiwachasile amaFilistiya.

14 As cidades que os filisteus tinham conquistado foram devolvidas ao povo de Israel, desde Ecrom até Gate. Israel

14Azibuyisela kwaSirayeli zonke izixeko ezaziphakathi kwe-Ekron neGati, ezo ayezithimbile amaFilistiya. Waba ke wonke

conseguiu também libertar todos os territórios vizinhos à estas grandes cidades do poder dos filisteus. E se estabeleceu a paz entre Israel e os amorreus.

ummandla kaSirayeli uyakhululeka kumaFilistiya. Kwabakho uxolo, nditsho naphakathi kwamaSirayeli nama-Amori.

15 Samuel continuou julgando e liderando Israel todos os dias de sua vida.

15USamweli waba yinkokheli yamaSirayeli bonke ubomi bakhe.

16 Cada ano ele visitava Betel, Guilgal e Mispá, decidindo sobre as importantes questões de Israel em todos esses lugares.

16Minyaka le wayedla ngokwenza umjikelo, aye eBhetele, eGiligali, naseMizpa, afike apho alamle iimbambano zabantu.

17 Mas sempre retornava a Ramá, onde estava sua residência; dali ele governava sua cidade e toda a nação de Israel como juiz e líder. E foi em Ramá que Samuel construiu um altar em honra ao Nome de Yahweh, o SENHOR.

17Ukusuka apho wayegoduka aye eRama, apho wayefika alamle nakhona. Apho eRama kulapho wakha iqonga lokwenzela uNdikhoyo amadini.

1 Samuel 8

Os israelitas pedem um rei, e Deus concede-o

1 Quando Samuel ficou idoso, nomeou seus filhos como juízes e líderes de Israel.

2 O primogênito chamava-se Joel, e o segundo filho, Abias; eles foram líderes em Berseba.

3 Entretanto, os filhos de Samuel não seguiram o seu exemplo. Ao contrário, deixaram-se seduzir e orientar-se pela ganância, aceitaram suborno e perverteram a lei e o direito.

4 Por isso todos os anciãos e autoridades de Israel se reuniram e foram falar com Samuel, em Ramá.

5 E ponderaram-lhe: “Tu envelheceste, e teus filhos insistem em não andar nos teus caminhos. Portanto, constitui sobre nós um rei, o qual exerça a justiça sobre nós, como acontece em todas as nações ao nosso redor!”

1 Kasamweli 8

AmaSirayeli afuna ikumkani

1Ke kaloku uthe uSamweli akwaluphala wamisela oonyana bakhe baba ziinkokheli zamaSirayeli.

2Unyana omkhulu wayenguJoweli, omncinci inguAbhiya. Babeziinkokheli eBheshebha.

3Kambe ke bona babengamfuzanga uyise; bona babesemva kwenzuzo ngobuqhetseba, bengamathanda-kunyotywa, belamla ngesheyi.

4Amadoda amakhulu ke akwaSirayeli aqokelelana, aya kutsho eRama kuSamweli,

5afika athi kuye: “Sewaluphele wena ngoku, yaye noonyana bakho abakufuzanga mpela. Ngoko ke sityumbele ukumkani, khon' ukuze nathi sifane nezinye izizwe, sibe nokumkani osilawulayo. ”

6 No entanto, esta expressão: “constitui sobre nós um rei, o qual exerça a justiça sobre nós”, causou um profundo desgosto ao coração de Samuel, e então ele invocou o Nome de Yahweh e orou ao SENHOR.

6Samngena kakubi uSamweli isicelo sabo sokufuna ukumkani. Wabhenela kuNdikhoyo,

7 O SENHOR Deus então lhe respondeu em seguida: “Atende, pois, a tudo o que este povo te pede, porquanto não é a ti que eles rejeitam, mas sim a minha própria pessoa, porque não desejam mais que Eu reine sobre eles!

7waza wathi kuye uNdikhoyo: “Bek' iindlebe uyiphulaphule into abayithethayo aba bantu. Ababukuli wena; ndim lo bangamfuniyo ukuba abalawule.

8 Tudo o que têm feito comigo desde o dia em que os libertei e fiz subir do Egito, até este momento, abandonando-me e prestando culto e adoração a outros deuses, assim também estão fazendo contigo.

8Okoko ndaphuma nabo eJiputa, kude kube namhlanje, basoloko bendifulathela bekhonza thixo bambi; nangoku basayenza loo nto!

9 Agora, portanto, atende ao que eles pleiteiam. Contudo, solenemente, lembra-lhes e explica-lhes todos os direitos do rei que reinará sobre eles!”

9Siphulaphule isicelo sabo, kodwa uze ubaqononondise ibacacele impatho abaya kuyifumana kwabo kumkani babafunayo.”

10 Samuel comunicou todas as palavras do SENHOR ao povo, que lhe rogava por um rei.

10USamweli wawaxelela ke amaSirayeli awayefuna ukumkani konke okwathethwa nguNdikhoyo,

11 Ele declarou: “Este é o direito do rei que reinará sobre vós: Ele convocará os vossos filhos e os encarregará dos seus carros de guerra e dos seus cavalos e os fará marchar e correr à frente do seu carro.

11wathi: “Ukumkani oya kunilawula uya kwenjenje: Woseka umkhosi ngoonyana benu. Abanye wobenza umkhosi weenqwelo, abanye babe ngumkhosi okhwela amahashe, abanye bagijime ngaphambi kwenqwelo yakhe.

12 Determinará alguns como comandantes de mil soldados e outros como comandantes de cinquenta. Ele os mandará arar as terras dele, fazer toda a colheita, e construir armas de guerra e todo o tipo de equipamentos para os seus carros de guerra.

12Abanye boba ngabaphathi-mabutho, abanye babe ngabaphathi-maqela, abanye balime amasimi akhe, bavune nokuvuna, kubekho nabo baxhonkxa izikhali zokulwa kunye nezixhobo zeenqwelo zakhe.

13 Ele tomará as vossas filhas para serem perfumistas, cozinheiras e padeiras.

13Iintombi zenu wozenza zibe ngabaqholi nabapheki nababhaki bakhe.

[14] Tomará igualmente vossos campos, as vossas vinhas, os vossos melhores olivais, e os dará aos seus oficiais.
[15] Das vossas culturas e das vossas vinhas ele cobrará o dízimo, que destinará aos seus oficiais, criados, eunucos e serviçais.
[16] Os melhores entre os vossos servos e as vossas servas, os jovens, o gado e os jumentos serão todos tomados, conforme a sua vontade, para seu uso particular.
[17] Exigirá também de vós um décimo dos rebanhos, e vós mesmos vos tornareis escravos dele.
[18] Então, naquele dia, reclamareis com grande voz contra o rei que vós mesmos tiverdes escolhido, porém Yahweh não atenderá as vossas queixas naquele momento de aflição!"
[19] Contudo, todo o povo recusou-se a ouvir a advertência de Samuel e exclamou: "Não! Queremos ter um rei!
[20] Eis, pois, que seremos como todas as demais nações; um rei nos governará, e sairá a nossa frente para lutar em nossas batalhas!"
[21] Então, depois de ter ouvido tudo o que o povo expressou, Samuel o repetiu diante do SENHOR.
[22] E o SENHOR determinou: "Satisfaz, portanto, o desejo deste povo e constitui-lhe um rei!" Então Samuel respondeu aos homens de Israel: "Volte cada um para a sua cidade!"

1 Samuel 9

Saul busca as jumentas extraviadas e vai ter com Samuel

[14]Awona mahle amasimi enu, izidiliya, namabhoma eminquma, ukumkani wowahlutha awanike amaphakathi akhe.

[15]Wobiza isahlulo sesishumi sengqolowa nediliya yenu, ayinike amagosa akhe.

[16]Izicaka nezicakakazi zenu, neenkabi zenu, ezona zintle, kwakunye needonki zenu, wozithimba zisebenzele yena.

[17]Isishumi semihlambi yenu wofuna siye kuye; lilonke niya kuba zizicaka zakhe.

[18]Nakuba nimfumene kwanina niya kumkhalazela loo kumkani nimtyumbileyo. Ke yena uNdikhoyo akayi kuba saniphulaphula."

[19]AmaSirayeli akazange amphulaphule uSamweli, suka athi: "Hayi, sifuna ukulawulwa ngukumkani thina.

[20]Xa kunjalo sofana nazo zonke ezinye iintlanga, sibe nokumkani osikhokelayo nasemfazweni."

[21]Wayiphulaphula yonke loo ntetho yabo uSamweli, waza waya kuyithetha ezindlebeni zikaNdikhoyo.

[22]UNdikhoyo waphendula wenjenje: "Kulungile ke, banike ukumkani." USamweli ke uthe kumaSirayeli: "Makhe nigoduke, madoda."

1 Kasamweli 9

USawule udibana noSamweli

[1] Havia um homem entre o povo da tribo de Benjamim chamado Quis. Ele era filho de Abiel, neto de Zeror, bisneto de Becorate e trineto de Afias. Quis era um homem abastado e muito influente em sua região.

[2] Tinha ele um filho chamado Saul, um belo jovem. Nenhum outro havia entre os filhos de Israel mais bonito do que ele; os rapazes mais altos chegavam apenas à altura dos seus ombros.

[3] Certo dia, aconteceu que algumas jumentas que pertenciam a Quis, o pai de Saul, se desgarraram e fugiram. Então Quis pediu a Saul: "Filho, chama um dos criados e vai à procura das jumentas desgarradas."

[4] Percorreram toda a região montanhosa de Efraim e vasculharam a terra de Salisa, mas não as encontraram. Seguiram pelas terras de Saalim, contudo as jumentas também não estavam lá. Então atravessaram todo o território de Benjamim, e mesmo com todo esse esforço não as acharam.

[5] Chegando ao distrito de Zufe, sugeriu Saul ao servo que o acompanhava: "Vamos voltar! Caso contrário meu pai deixará de pensar nas jumentas e começará a se preocupar conosco."

[6] Entretanto, o servo lhe aconselhou: "Nesta cidade mora um homem de Deus que é muito respeitado. Tudo o que ele diz acontece com certeza. Vamos até lá: é bem possível que nos possa orientar quanto ao caminho que devemos seguir!"

[7] Mas Saul ponderou ao criado: "Se formos, que ofereceremos ao homem? O pão já acabou no alforje, e nada mais temos a

[1]Ke kaloku kwakukho indwalutho yakwaBhenjamin eyayinguKishe igama, unyana ka-Abhiyeli, kaZerore, kaBhekorati, ka-Afiya.

[2]UKishe wayenonyana ogama linguSawule, igatyana lenzwana yomfana. Lo mfana wayesukile egadeni evela kuwo onke amaSirayeli.

[3]Ke kaloku kwalahleka iidonki zikaKishe uyise kaSawule. UKishe wabiza uSawule, wathi kuye: "Hamba kunye nesinye isicaka, uye kufuna iidonki zam, mfo wam."

[4]Banduluka ke abafana, bacanda kwaEfrayim kweleenduli, bawutyhutyha nommandla waseShalisha, abazifumana noko. Bajika baya kucanda nakummandla waseShalim, nalapho abazibona. Babuya bawutyhutyha ummandla wakwaBhenjamin, kodwa nalapho azabikho.

[5]Bathe bakufika kummandla waseZufi, uSawule wathi kwisicaka awayehamba naso: "Mfondini, ndithi mna masigoduke ngoku. Ngahle ubawo akasacingi ngazidonki ngoku, selenexhala ngathi."

[6]Sithe isicaka: "Khawume! Apha kule dolophu kukho umfo wakwaThixo ohlonitshwe kakhulu nothi akuzithetha izinto zibe njengoko atshiloyo. Makhe siye kuye; mhlawumbi ke nathi angasibeka emkhondweni."

[7]USawule uthe: "Mfondini, uthi siya kumnika ntoni? Asisenamphako nasezingxoweni; asinanto sinayo konke

oferecer pelos préstimos deste homem de Deus. O que podemos fazer?”

[8] O servo pediu a palavra e ofereceu a Saul: “Ocorre que ainda tenho comigo cerca de três gramas de prata, que darei com prazer ao homem de Deus, e ele nos ajudará em nossa jornada!”

[9] (Nos tempos antigos, em Israel, quando uma pessoa desejava saber a vontade de Deus, costumava dizer: “Vinde vamos ao vidente!”, porquanto naquela época se chamava o atual “profeta” de “vidente”.)

[10] Então Saul replicou ao seu servo: “Falaste bem. Vamos, então!” E chegaram à cidade onde morava o homem de Deus.

[11] Ao subirem a colina para chegar à cidade, encontraram algumas jovens que estavam saindo para buscar água e indagaram a elas: “O vidente está na cidade?”

[12] Ao que elas prontamente responderam: “Está sim! Logo ali adiante. Acaba de chegar, um pouco antes de ti. Mas apressa-te: ele veio à cidade porque ainda hoje será oferecido um sacrifício no altar que foi erguido no monte.

[13] Assim que entrardes na cidade, vós o achareis antes que suba ao altar do monte para comer. O povo não comerá antes que ele chegue ao lugar alto, pois ele deve abençoar o sacrifício; depois disso, os convidados poderão comer à vontade. Subi, pois, depressa e logo o achareis!”

[14] Subiram, então, à cidade. Quando iam atravessando a porta, Samuel saia em sua direção a caminho do altar do monte.

esingamnikayo umfo wakwaThixo lo. Ngaba sinento esinayo na?”

[8]Sithe isicaka ukuphendula: “Ndinabumalana apha kum endingamnika bona ukuze asibeke emkhondweni.”

[9-11]Uthe uSamweli: “Ngxatsho ke! Utsho endodeni; masiye!” Baya ke kuloo dolophu kwakuhlala kuyo lo mfo wakwaThixo. Bathi besanyuka induli bejonge edolophini, bahlangana negqiza leentombi ezaziya kukha amanzi. Babuza kuzo bathi: “Ngaba imboni ikho na edolophini?” (Kaloku ngaloo maxesha abashumayeli kwakusithiwa ziimboni.)

[12]Zathi ezo ntombi: “Ewe, ikhona. Yandulela nina. Khawulezani. Isandul' ukufika namhlanje apha edolophini. Ize kulaa msebenzi wokwenza idini phaya endulini.

[13]Ukuba niyasukela, noyifumana ingekanyuki phaya kulaa nduli ukuya kutya. Akusayi kutya bani ingekafiki yona. Kaloku kufuneka idini lisikelelwe yiyo kuqala, bandule abamenyiweyo ukutya. Sukelani ke, ningaphozisi maseko; noyifumana.”

[14]Basukela ooSamweli nesicaka ukusinga edolophini. Bathe bakungena baqubisana noSamweli esendleleni eya endulini.

[15] No dia anterior à chegada de Saul, o SENHOR havia revelado isto a Samuel:

[16] "Amanhã, por volta desta hora, enviar-te-ei um homem da terra de Benjamim! Unge-o como líder sobre Israel, o meu povo. Ele libertará o meu povo do domínio dos filisteus, porque tenho observado o sofrimento do meu povo e ouvido os seus pedidos de socorro!"

[17] E assim que Samuel fixou os olhos em Saul, o SENHOR lhe deu a entender: "É precisamente este o homem de quem te falei. É ele quem governará o meu povo!"

[18] No entanto, Saul se aproximou de Samuel à altura da soleira da porta de entrada da cidade e lhe rogou: "Por favor, podes indicar-me onde fica a casa do vidente?"

[19] Ao que Samuel respondeu a Saul: "Sou eu o vidente. Sobe adiante de mim ao lugar alto onde está o altar, pois hoje comereis comigo. Amanhã, ao raiar do dia, eu te esclarecerei tudo quanto hoje preocupa o teu coração!

[20] Quanto às jumentas que se extraviaram de tuas mãos já há três dias, não te aflijas por elas; eis que já foram encontradas. E a quem pertencerá tudo o que é precioso em Israel, senão a ti e a toda família de teu pai?"

[21] Saul, espantado, respondeu prontamente: "Porventura não sou eu um simples benjamita, a menor das tribos de Israel, e não é a minha família a menos importante entre todos os clãs da tribo de Benjamim? Sendo assim, porque o senhor está me dirigindo estas palavras?"

[15]Kwangomhla ongaphambi kwalowo uNdikhoyo wayeseletyhilele uSamweli esithi:

[16]"Malunga neli xesha kanye ngomso ndiza kuthumela kuwe umfana ovela kwelakwaBhenjamin. Uze umthambise abe ngumlawuli wabantu bam amaSirayeli. Iza kuba nguye oya kubakhulula kumaFilistiya. Ndiyibonile inkxwaleko yabantu bam, ndasiva nesikhalo sabo."

[17]Wathi uSamweli akumthi ntla uSawule, uNdikhoyo wathi kuye: "Nguloo mfana ke lowo bendithetha ngaye. Nguye oza kulawula abantu bam."

[18]Wasuka uSawule waya kuSamweli owayesesangweni, wafika wathi: "Khawutsho, bawo, singayifumana phi imboni apha?"

[19]Uphendule ngelithi uSamweli: "Ndim loo mboni. Hambani apha phambi kwam, siye phaya kulaa ndawo kunqulelwa kuyo, nidle kunye nam namhlanje. Loo nto nize ngayo ndoyichaza ngomso, ndinikhulule ke, nihambe.

[20]Musani kuba sazikhathaza ngeedonki eziyâ bezilahlekile izolo elinye; sezifunyenwe. Ngubani na oza kuzuza elona wonga kwaSirayeli? Asinguwe na nomzi kayihlo uphela?"

[21]USawule uthe ukuphendula: "Mna ndingowakwaBhenjamin, esona sizwe sincinane kwaSirayeli, yaye nabesiduko sakowethu ngowona mzi uphantsi kweso sizwe. Kungani na ukuba uthethe nam ngolu hlobo?"

[22] Então Samuel tomou gentilmente a Saul e o seu servo e os conduziu ao salão de festas e lhes ofereceu o lugar de maior honra, à cabeceira da mesa, onde estavam assentados cerca de trinta proeminentes convidados.

[23] Em seguida, Samuel dirigiu-se ao cozinheiro e solicitou: “Serve aquela porção de carne que te recomendei que separasses!”
[24] E o cozinheiro imediatamente trouxe a coxa do animal preparado, com tudo o que estava sobre ela, e a depositou diante de Saul. Em seguida, disse Samuel: “Eis, aqui está, diante de ti o que fora reservado. Come, pois te foi guardado para esta ocasião, a fim de que o comesses na companhia de muitos ilustres convidados. Assim Saul comeu com Samuel naquele dia.

[25] Depois que desceu do altar do monte para a cidade, Samuel conversou com Saul no terraço de sua casa.

[26] Ao raiar da aurora, quando se levantaram, Samuel chamou Saul no terraço para se despedir dizendo: “Levanta-te para que eu te acompanhe até a saída da cidade!” Saul se levantou, e os dois saíram, ele e Samuel.

[27] Quando desciam em direção à saída da cidade, Samuel pediu a Saul: “Fala ao rapaz que passe adiante de nós. O servo de Saul passou, e Samuel disse: “Tu, porém, espera aqui a fim de que eu possa lhe transmitir a mensagem de Deus para ti!”

1 Samuel 10

[22]USamweli wabangenisa ooSawule nesicaka sakhe egumbini elikhulu, wabahlalisa ezihlalweni zabona bahloniphekileyo phambi kwezinye iindwendwe ezimenyiweyo ezazimalunga namashumi amathathu.

[23]Wabhekisa kumpheki uSamweli, wathi: “Yiza nalaa nyama bendikunike yona ndathi yibeke bucala.”

[24]Waza ke umpheki weza nomlenze nokuhamba nawo, wawubeka phambi koSawule. Uthe ke uSamweli: “Nantso ke inyama obuyibekelwe. Yitye. Bendiyigcinele wena, ukuze uyitye kwesi sidlo kunye nabo bamenyiweyo.” USawule ke waba lundwendwe lukaSamweli ngaloo mini.

[25]Bathe ukubuya kulaa ndawo yokunqula, uSamweli wancokola noSawule endaweni eyakhiweyo phezu kwendlu. Walala apho ngobo busuku.

USamweli uthambisa uSawule

[26]Kuthe ekuseni uSamweli waya kuvusa uSawule kulaa ndawo wayelele kuyo, wathi: “Vuka ngoku, ndikukhulule uhambe.” Wavuka uSawule. Baphuma kunye noSamweli.

[27]Bathe xa bengasekuphumeni kwedolophu, wathi uSamweli kuSawule: “Yithi kwesi sicaka sakho masikhe sibe sihamba phambili.” Sahamba ke isicaka, waza ke uSamweli waqhuba wathi: “Khawuthi xha nje kancinci khe ndikuxelele udaba oluvela kuThixo.”

1 Kasamweli 10

Samuel unge Saul como rei de Israel

1 Samuel havia trazido consigo um frasco de azeite e o derramou sobre a cabeça de Saul, beijou-lhe uma das faces e declarou: “Porventura Yahweh não te ungiu para seres príncipe sobre a sua herança?

1Ke kaloku uSamweli urhole iqhaga elalinamafutha omnquma, wawagalela entloko kaSawule, wamanga, wathi: “Uyakuthambisa uNdikhoyo ukuze ulawule abantu bakhe.

2 Hoje, portanto, quando me deixares, encontrarás dois homens próximos ao túmulo de Raquel, na fronteira de Benjamim. Esses homens lhe dirão: “Eis que já foram encontradas as jumentas que saístes a procurar. O teu pai esqueceu o caso das jumentas, e está agora aflito por tua causa e indaga a todo momento: ‘Que terá acontecido ao meu filho?’

2Ukwahlukana kwethu namhlanje uya kuhlangana namadoda amabini phaya ngakwingcwaba likaRakeli eZeleza kumda wakwaBhenjamin. Aya kuthi kuwe: ‘Eziya donki ubuye kuzikhangela zifumanekile, yaye noyihlo akasazidubi ngazo ngoku, seleziduba ngawe. Selesithi: “Yaz'ba ndiza kuyithini na into yokungabuyi konyana wam?” ’

3 Então, dali, prosseguirás rumo ao Carvalho de Tabor, encontrarás três homens que estarão subindo para cultuar a Deus em Betel. Um deles levando três cabritos, outro, três pães, e o outro, um odre, uma vasilha de couro cheia de vinho.

3“Ùya kudlula apho, uye kutsho eTabhore kumthi wom-oki, apho wohlangana khona namadoda amathathu esendleleni eya eBhetele ukuya kukhonza uThixo. Enye indoda yoba ithwele amatakane ebhokhwe amathathu, enye iphethe izonka ezithathu, enye ixwaye imvaba yewayini.

4 Eles te saudarão e te oferecerão dois pães que aceitarás!

4Loo madoda aya kukubulisa, akunike izonka ezibini, oya kuthi wena uzithathe.

5 Chegarás, então, a Gibeá de Deus, onde há um posto militar dos filisteus, e acontecerá que entrando na cidade, te defrontarás com uma confraria de profetas que vêm descendo do alto lugar tocando liras, tamborins, flautas e harpas; e eles estarão profetizando.

5Emva koko uya kufika kulaa nduli kaThixo iseGibheya, apho amaFilistiya anekampu yamajoni. Ekungeneni kwakho edolophini apho wohlangana nomgcelele wabashumayeli, bevela endulini apho, behamba bebetha iihapu, amagubu, iimpempe, neekatala, beshumayela besemoyeni.

6 Neste momento, o Espírito do SENHOR tomará pleno controle de ti, e terás manifestações proféticas com eles; e serás transformado em outro homem!

6Nawe ke uya kungenwa nguMoya kaNdikhoyo ngamandla, utsho ungenelele kuloo ntshumayelo nakuloo ntsholo yabo, ube mntu wumbi.

[7] Assim que estes sinais te sucederem age, pois, de acordo com o que decidires, porque Deus é contigo.

[8] Ide, todavia, na minha frente para Guilgal. Mais tarde eu irei ter contigo, a fim de oferecer holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão. Contudo, aguardarás sete dias até que eu chegue e te oriente sobre o que fazer.”

[9] Assim que voltou as costas para deixar Samuel e partir para casa, Deus mudou o coração de Saul, e todos aqueles sinais se cumpriram naquele mesmo dia.

[10] Partindo dali, Saul e seu servo chegaram a Gibeá, e logo um grupo de profetas veio caminhando na direção de Saul; o Espírito de Deus se apossou dele, e imediatamente ele profetizou entre os profetas.

[11] Quando os que já o conheciam o observaram profetizando com o grupo, comentavam uns com os outros: “Que terá acontecido com o filho de Quis?” Ora, Saul está também na sociedade dos profetas?”

[12] Então um homem que morava ali exclamou: “Porventura os pais destes homens também são profetas?” E daí surgiu o seguinte dito popular: “Será que Saul também virou profeta?”

[13] Depois que Saul terminou de profetizar, dirigiu-se para o altar no monte.

[14] Foi quando o tio de Saul indagou a ele e ao seu servo: “Aonde foste!” Ao que redarguiu Saul: “Ora, procurar as jumentas desgarradas!” Quando, no entanto, chegamos à conclusão de que não poderiam ser encontradas, fomos falar com Samuel.”

[7]Yakuba le miqondiso izalisekile uze wenze oko kusemandleni akho, kuba uThixo unawe.

[8]Uya kundandulela ukuya eGiligali. Nakanjani ndiya kufika, senzele khona uNdikhoyo amadini atshiswayo nawobudlelane. Uze undilinde apho iintsuku ezisixhenxe, ndide ndifike, ndikuyalele into omawuyenze.”

USawule phakathi kwabashumayeli

[9]Uthe uSawule xa ejika enika uSamweli umva, uThixo wamnika mo yimbi uSawule. Yaye yonke loo miqondiso yayithethwe nguSamweli yazalisekiswa kwangaloo mini.

[10]Ukufika kukaSawule nesicaka eGibheya wahlangatyezwa ngumgcelele wabashumayeli. UMoya kaThixo wamngena ngamandla, waza naye wangenelela washumayela.

[11]Bathi bakumbona esenza loo nto abantu ababekade bemazi, babuzana besithi: “Yeha ke! Nithi ungenwe yini na unyana kaKishe? Nithi noSawule selewaba ngomnye wabashumayeli na?”

[12]“Bangoonyana bakabani bona aba?” wavakala esitsho omnye wabemi balapho. Savela loo mini ke isaci esithi: “NoSawule lo kanti selewaba ngomnye wabashumayeli na?”

[13]Wathi akuyeka ukushumayela uSawule, wenyuka waya endulini.

[14]Uyisekazi akumbona yena nesicaka sakhe, wathi: “Khawutsho; nivela phi?” “Besikhangela iidonki,” uphendule watsho uSawule. “Sithe ke sakungaziboni saya kuSamweli.”

[15] O tio de Saul quis saber mais e o questionou: “Conta-me, pois, o que foi que Samuel te revelou?”

[16] Saul respondeu ao tio: “Ele nos informou com segurança que as jumentas já haviam sido encontradas!”, e não contou ao tio uma palavra sobre tudo o que Samuel havia dito a respeito do realeza.

O povo escolhe Saul para seu rei

[17] Entrementes, Samuel convocou todo o povo de Israel à presença de Yahweh em Mispá,

[18] e proclamou-lhes: “Assim diz o SENHOR, o Deus de Israel: ‘Eu libertei Israel do Egito, e vos salvei a todos do poder do Egito e da influência de todos os demais reinos que vos afligiam.

[19] Contudo, hoje, vós rejeitastes o vosso Deus, Aquele que vos livrou de todos os vossos males e de todas as vossas angústias que vos oprimiam, e respondestes: ‘Não! Estabelecei sobre nós um rei!’ Agora, portanto, comparecei diante de Yahweh, de acordo com todas as vossas tribos e clãs!”

[20] Sendo assim, Samuel mandou que se apresentassem todas as tribos de Israel e, o sorteio indicou a tribo de Benjamim.

[21] Então fez ir à frente a tribo de Benjamim, família por família, e o clã de Matri foi escolhido. Então os homens da família de Matri avançaram, e Saul, filho de Quis, foi o escolhido. Todavia, quando o procuraram, ele não foi encontrado.

[22] Consultaram uma vez mais a Yahweh: “O homem escolhido já está entre nós?” E Yahweh respondeu: “Sim, ele está bem ali, escondido no meio das bagagens.”

[15]“Waza wathini ke uSamweli kuni?” kubuza uyisekazi.

[16]“Usixelele ukuba iidonki zifunyenwe.” NguSawule ke otshoyo; phofu akachaza nto kuyisekazi ngentetho kaSamweli ngombandela wokuba ngukumkani.

USawule umiselwa ebukumkanini

[17]Ke kaloku uSamweli wabiza abantu bakwaSirayeli ukuya kwaNdikhoyo eMizpa.

[18]Wabhekisa kubo wathi: “Utsho uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: ‘Ndim owakhupha amaSirayeli eJiputa, ndawahlangula kwingcinezelo yamaJiputa nezinye iikumkani.’

[19]Kodwa ngoku nimfulathele uThixo wenu onihlangulayo kuzo zonke iinkxwaleko neenzingo, naza nathi: ‘Simisele ikumkani isilawule.’ Ngoko ke, dwelani apha phambi koNdikhoyo ngokwezizwe zenu neziduko zenu.”

[20]Akuba uSamweli ezisondezile zonke izizwe zakwaSirayeli uNdikhoyo watyumba isizwe sakwaBhenjamin.

[21]Waza uSamweli wasondeza isizwe sakwaBhenjamin ngokweziduko zaso, kwaza kwatyunjwa indlu kaMatri, kuyo kwatyunjwa uSawule unyana kaKishe. Bamkhangela kodwa ababi nakumfumana.

[22]Baza babuza kuNdikhoyo bathi: “Ngaba selefikile na?” UNdikhoyo wathi: “Ewe, nankuya ezimele phaya emva kwemithwalo.”

[23] Em seguida, correram a buscá-lo, e ele se apresentou no meio do povo: homem de boa aparência, quando ficou em pé, os mais altos só chegavam aos seus ombros.

[24] Então Samuel exclamou diante de todo o povo reunido: “Vede agora quem Yahweh, o SENHOR escolheu? Não há nenhum ser humano que se compare a ele entre todo o Israel!” E, prontamente o povo bradou: “Viva o rei!”

[25] Samuel expôs diante de toda a congregação as leis do reino e as escreveu num livro e o depositou perante o SENHOR. Logo em seguida, Samuel mandou o povo de volta para as suas moradas.

[26] Saul também retornou à sua casa em Gibeá, acompanhado por guerreiros, cujo coração Deus havia tocado.

[27] No entanto, alguns arruaceiros saíram murmurando: “Como poderá esse tal nos salvar?” E o desprezaram e não lhe homenagearam com presente algum. Saul, contudo, se fez de surdo.

[23]Akhawuleza aya kumrhola apho amadoda, amzisa ebantwini. Kwathi xa emi phakathi kwabo wavela ngentloko kubo bonke.

[24]Wenjenje ke uSamweli ukubhekisa ebantwini: “Nanku ke umntu otyunjwe nguNdikhoyo. Niyabona nani ukuba akukho namnye onjengaye phakathi kwethu.” Baduma bonke abantu, bathi: “Huntshu-u-u, ad' akhokhob' ukumkani!”

[25]Ke uSamweli wabachazela ngemigaqo yobukumkani, wayibhala encwadini, waza wayibeka phambi kukaNdikhoyo. Wabandulula ke bonke, bagoduka.

[26]Naye uSawule waya kowabo eGibheya. Kwabakho magorha antliziyo zichukunyiswe nguThixo, ahamba naye.

[27]Babakho kambe noongantweni ababesithi: “Yintoni engenziwa ngulaa mfo ukusihlangula?” Bamdela, abamenzela zinwe; phofu wathi cwaka yena uSawule.

1 Samuel 11

Saul vence os amonitas

[1] Cerca de um mês depois destes eventos, Nahash, Naás, o rei dos amonitas, avançou contra a cidade de Iavesh-Guilad, Jabes-Gileade e a cercou. E o exército de Jabes lhe propôs: “Faze conosco um tratado, e te serviremos!”

[2] Contudo, Naás, o amonita, lhes retrucou: “Eis o pagamento que de vós exigirei para fazer um acordo: todos vós tereis vazado o olho direito, e assim humilharei a todo o Israel!”

1 Kasamweli 11

USawule uchitha umkhosi wama-Amon

[1]Ukumkani uNahashe wama-Amon wahlasela idolophu iJabheshe ekummandla wamaGiliyadi, wayivingcela. Amadoda onke alapho eJabheshe athi kukumkani uNahashe: “Masenze umnqophiso woxolo. Siyavuma ukukuthobela.”

[2]UNahashe uthe ukuphendula: “Loo mnqophiso ndiya kuwenza kuphela xa sivanayo ukuba ndikrolonqe iliso lasekunene kumntu ngamnye, khon' ukuze ndiwahlazise amaSirayeli.”

[3] Diante disso os líderes de Naás responderam: “Dá-nos uma trégua de sete dias! Mandaremos mensageiros a todo território de Israel e, se ninguém vier em nosso auxílio, nos renderemos a ti.”

[3]Athe ukuphendula amadoda amakhulu aseJabheshe: “Khawusiphe iintsuku zibe sixhenxe, sikhe sithumele izigidimi kulo lonke elakwaSirayeli kuqala. Ukuba akakho osihlangulayo, sozincama sinikezele.”

[4] Os mensageiros chegaram a Gibeá, onde Saul morava. Assim que entregaram as notícias, o povo começou a chorar e se lamentar desesperadamente.

[4]Ezo zigidimi zaya kugaleleka eGibheya kuloSawule. Zathi zakuziphalaza ezo ndaba, basitsho abantu isikhalo.

[5] Naquela mesma hora Saul vinha chegando do campo com o gado e indagou: “Que se passa com o povo que está aos prantos pela cidade?” Contaram-lhe o que lhes haviam comunicado os homens de Jabes.

[5]Wayesafika evela emasimini neenkabi zakhe uSawule. “Kwenzeke ntoni ebantwini? Sisijwili sani esi basenzayo?” NguSawule obuzayo. Abantu bamxelela ezo ndaba zazize nezigidimi zaseJabheshe.

[6] Assim que Saul tomou conhecimento do que se passava, o Espírito de Deus assumiu absoluto controle de sua pessoa, e Saul ficou profundamente indignado.

[6]Akuyiva loo nto uSawule wafikelwa nguMoya kaThixo ngamandla, wabila ngumsindo.

[7] Agarrou dois bois e os fez em pedaços; em seguida, por meio de mensageiros, enviou os pedaços dos animais a todo território de Israel, anunciando: “Eis o que se fará a todos os bois daquele que não seguir imediatamente a Saul e Samuel à batalha!”. Então todo o povo de Israel sentiu imenso temor em relação ao que o SENHOR poderia fazer, e então todos atenderam ao chamado e vieram imbuídos de um só ânimo: seguir as diretrizes de Saul.

[7]Wathatha iinkabi zambini, wazihlahla zayimibengo, wathi izigidimi maziyise kulo lonke elakwaSirayeli, zihambe ziyala abantu zisithi: “Umntu ongayiyo emfazweni kunye noSawule noSamweli iinkabi zakhe zoba yimibengo.” AmaSirayeli onganyelwa kukuhlonela uNdikhoyo, aphuma onke, akwasala nempunde le.

[8] Assim, quando Saul os reuniu em Bezeque, somaram trezentos mil homens de Israel e trinta mil de Judá.

[8]USawule wawaqokelela eBhezeki. Yayingamakhulu mathathu amawaka amadoda avela kwaSirayeli, namashumi mathathu amawaka amadoda avela kwaJuda.

[9] E responderam aos mensageiros de Jabes: “Dizei aos homens de Jabes de Gileade: ‘Amanhã, por volta da hora mais quente do

[9]Izigidimi ezivela eJabheshe kwathiwa mazigoduke nomyalezo othi: “Ze niwaxelele amawenu nithi: ‘Ngomso oku, ngemini

dia, vos chegará pleno socorro!' Assim que os mensageiros relataram isso aos moradores da cidade de Jabes, todos muito se alegraram.

10 Então, os homens de Jabes responderam aos amonitas: "Amanhã nos entregaremos a vós e então fareis conosco o que vos aprouver!"

11 No dia seguinte, Saul dividiu os seus homens em três grandes grupos. Ao raiar da aurora os exércitos de Saul avançaram sobre o acampamento amonita e os atacaram violentamente. Por volta do meio dia já haviam massacrado quase todos os inimigos. E os que conseguiram fugir se espalharam, cada qual buscando livrar sua própria vida por um lado.

12 Então o povo de Israel declarou a Samuel: "Onde estão aquelas pessoas que questionaram: 'Poderá Saul reinar sobre nós?' Dize-nos seus nomes a fim de que os executemos agora mesmo!"

13 Contudo Saul ponderou: "Ninguém será condenado à morte hoje, porquanto neste dia Yahweh proveu salvação a Israel!"

14 Depois Samuel convocou todo o povo: "Vinde e vamos a Guilgal e reafirmemos ali nossos votos quanto ao reinado de Saul!"

15 Todo o povo se reuniu em Guilgal e Saul foi referendado rei perante Yahweh, em Guilgal. Ali se imolaram sacrifícios de comunhão diante do SENHOR, e Saul e todos os homens de Israel se entregaram a manifestações de júbilo.

1 Samuel 12

Samuel resigna o seu cargo

emaqanda, nobe nihlangulwe.' " Bavuya kakhulu wakufika loo myalezo abantu baseJabheshe.

10Bathumela kuma-Amon, bathi: "Siyanikezela ngomso, yaye ningenza unothanda ngathi."

11Kwangentseni ngengomso uSawule wawenza amabutho amathathu umkhosi wakhe. Wasuka indulumbane ukuphuma kwekhwezi, wawahlasela ama-Amon. Kuthe kwakuba yimini emaqanda baba sebewaxhaxhile. Aba ziintsali amadoda asindileyo, iyileyo izihambela yodwa.

12Emva koko amadoda aya kuSamweli, afika athi: "Aphi laa madoda ayesithi: 'Singaphathwa nguSawule na thina?' Wakhuphe, siwacime igama!"

13"Akuyi kubulawa mntu namhlanje, kuba olu lusuku uNdikhoyo ahlangule ngalo uSirayeli," watsho uSawule.

14USamweli yena uvakele esithi: "Yizani, makuyiwe eGiligali, sizinzise ubukumkani bukaSawule."

15Kwayiwa ke, baza apho, ngaphambi kukaNdikhoyo, bazinzisa ubukumkani bukaSawule. Kwenziwa amadini obudlelwane apho, uSawule namaSirayeli ephela bebhiyozela eso siganeko.

1 Kasamweli 12

Amazwi kaSamweli okuzibeka phantsi iintambo

[1] Então Samuel reuniu todo o Israel e lhes declarou: “Eis que vos atendi em tudo o que me pedistes, e estabeleci um rei para governar sobre vós.

[1]Wasuka ke uSamweli, wabhekisa kumaSirayeli ephela, wenjenje: “Niyabona, into ebeniyicelile kum ndiyenzile, ndammisela ukumkani wenu.

[2] De agora em diante, será o rei quem marchará à vossa frente. Já estou velho e de cabelos brancos, e meus filhos habitam entre vós. Fui vosso guia desde a minha mocidade até hoje.

[2]Nanku; uza kunilawula. Mna sendaluphele ndaba yingwevu. Noonyana bam naba phakathi kwenu. Ndanikhokela ndisemtsha kude kuze kuthi gaa apha.

[3] Aqui estou! Testemunhai contra mim diante do SENHOR e do seu ungido: a quem tomei um único boi ou jumento? A quem defraudei e a quem oprimi? De quem tenho recebido presentes, a fim de que finja não ver a injustiça? E eu vos restituirei!”

[3]Ndim lo ke, ndithi ukuba ndakha ndanona ndimangaleleni ngoku apha phambi koNdikhoyo naphambi komthanjiswa wakhe ukumkani. Ndakha ndahlutha bani inkabi yakhe yenkomo okanye idonki? Ndakha ndacinezela bani na; ingubani endakha ndamngcungcuthekisa? Ngubani owakha wandinyoba ukundivala umlomo? Ukuba ndakha ndayenza into enjalo, ndiya kuyenza imbuyekezo.”

[4] Todo o povo, no entanto, exclamou: “Tu não nos defraudaste nem nos oprimiste e de ninguém tiraste coisa alguma!”

[4]Wahlokoma umzi wathi: “Akuzange wasicinezela nanini, ungazange wangcungcuthekisa bani nakanye; yaye akuzange wathatha nto mntwini.”

[5] E Samuel lhes afirmou: “Yahweh é testemunha contra vós, e o seu ungido é igualmente hoje testemunha de que nada achastes culpa alguma em minhas atitudes!” E o povo respondeu: “Sim, Ele é testemunha!”

[5]Wathi ke uSamweli: “UNdikhoyo nomthanjiswa wakhe ukumkani ngamangqina am ke ukuba kutsho nina ukuthi ndimsulwa.” “Ewe,” kutsho abantu, “nguNdikhoyo ingqina lethu.”

[6] Então Samuel declarou aos israelenses: “O SENHOR designou Moisés e Arão e libertou os vossos pais, fazendo-os subir do Egito.

[6]Uqhube wenjenje uSamweli: “Ingqina nguNdikhoyo lo watyumba uMosis noAron, waza wabakhupha ooyihlo-mkhulu eJiputa.

[7] Agora, pois, permanecei aqui mesmo, para que eu entre em juízo diante do SENHOR, relativamente a todos os atos de justiça do

[7]Sondelani ke, ndiniyale phambi koNdikhoyo ngokunikhumbuza ngemisebenzi yobulungisa ayenzele nina nooyihlo.

SENHOR, que Ele realizou por vós e por vossos pais:

8 depois que Jacó entrou no Egito e os egípcios os oprimiram e os vossos pais clamaram a Yahweh e Ele vos enviou Moisés e Aarão, que fizeram vossos pais sair do Egito e os estabeleceu nestas terras.

9 Vossos antepassados, contudo, se esqueceram de Yahweh, seu Deus; e ele os entregou nas mãos de Sísera, comandante do exército de Hazor, e nas mãos dos filisteus, com também nas mãos do rei Moabe, os quais lutaram contra eles e os venceram.

10 Então o povo clamou e suplicou pelo socorro de Yahweh, o SENHOR, confessando: "Ó Deus! Pecamos por ter abandonado o SENHOR e prestado culto ao deus Baal e a deusa Astarote e seus postes sagrados. Agora, pois, livra-nos da mão dos nossos inimigos, e nós te serviremos!"

11 Então Yahweh enviou Jerubaal, Gideão, Bedan, Sansão; Baraque, Jefté e Samuel, que vos livraram das mãos dos inimigos de Israel que vos rodeavam, e pudestes habitar a terra em paz e segurança.

12 Apesar de tudo, quando vistes Naás, rei dos amonitas, marchar contra vós, rogastes-me: 'Não! É preciso que um rei governe sobre nós!' No entanto, Yahweh vosso Deus é vosso Rei!

13 Sendo assim, agora, aqui está o rei que escolhestes, aquele que vos mesmos pedistes; o SENHOR vos deu um rei!

14 Se temerdes ao SENHOR, e o servirdes, e atenderdes às suas ordens, e se tanto vós como o rei que governa sobre vós seguirdes

8"Kwathi akuba seJiputa uYakobi nomzi wakhe, bazibika kuNdikhoyo,yena wathumela uMosis noAron ababakhuphayo eJiputa, beza kuma kulo mhlaba.

9Bathi bakuba lapha abantu bamlibala uNdikhoyo uThixo wabo. Yena ke ngoko wabanikela esandleni sikaSisera umphathi womkhosi waseHazore, nakumaFilistiya, nakukumkani wakwaMowabhi, – zintshaba zabo ezo ezabahlaselayo.

10Babuya bazibika kuNdikhoyo, besithi: 'Ewe, sonile, kuba sikufulathele, Ndikhoyo, sanqula ooBhali nooAshtaroti. Sihlangule kwiintshaba zethu; sokhonza wena!'

11UNdikhoyo ke wathumela uGidiyon, noBharaki, noJefta, waza wagqibela ngam. Wanihlangula kwiintshaba zenu macala onke, nahlala ngenzolo.

12Kodwa nithe nakuqonda ukuba ukumkani uNahashe wama-Amon ufuna ukunihlasela, neza kum, nathi: 'Sifuna ukumkani wethu,' naxa uNdikhoyo uThixo wenu engukumkani wenu."

13Utyatyadule wathi uSamweli: "Nanku ke ukumkani enimkhethileyo. Ufunwe nini ke; uNdikhoyo uyanikhululela ke ngoku.

14Kuya kuba hele, kube chosi, ukuba nje uNdikhoyo uThixo wenu niyamhlonela, nimkhonze, nimphulaphule, ningaphikisani

a Yahweh vosso Deus, então tudo vos irá bem!

15 Todavia, se não obedecerdes a Yahweh, se vos revoltardes contra a sua vontade, então a mão do SENHOR pesará sobre vós e sobre o vosso rei.

16 Ainda uma vez olhai e vede o grande prodígio que Yahweh realiza diante de vossos olhos.

17 Não é agora a época da colheita do trigo? Pois bem, rogarei a Yahweh, e Ele fará trovejar e chover a fim de que venhas a reconhecer com toda clareza como foi grave o pecado que cometestes contra o SENHOR pedindo um rei para vós!"

18 Então Samuel invocou a Yahweh e Ele fez com que viessem trovoadas e chovesse naquele mesmo dia, e todo o povo se encheu de medo do SENHOR e de Samuel.

19 Todo o povo suplicou a Samuel: "Intercede por nós, teus servos, a Yahweh teu Deus, para que não morramos; porquanto sobre todos os nossos pecados acrescentamos o mal de pedir para nós um rei!"

20 Contudo Samuel declarou ao povo: "Não temais! É verdade que cometestes um grande erro. Somente não vos afasteis de Yahweh, mas servi-o com todo o vosso coração.

21 Não apostateis para vos entregardes a ídolos de nada, que para nada servem, porque nenhum auxílio podem proporcionar, porquanto nada são.

22 Certamente Yahweh jamais desamparará o seu povo, em honra ao seu grande Nome;

nomyalelo wakhe, koko nimlandele nikunye nokumkani wenu onilawulayo.

15Kodwa ukuba animva uNdikhoyo, niphikisane nomyalelo wakhe, wonichasa njengoko wenjenjalo kooyihlo-mkhulu.

16"Ngoku ke, yimani ngxishi, khon' ukuze nikubone oko kukhulu aza kukwenza uNdikhoyo.

17Naxa ilixesha lokuvuna ingqolowa eli, ndiza kutsho kuNdikhoyo ahlise imvula neendudumo. Niya kuqonda ke ukuba imbi kuNdikhoyo le nto yokufuna kwenu ukumkani."

18Wathandaza wabhekisa kuNdikhoyo ke uSamweli, kwaza kwangaloo mini kwafika iindudumo kunye nemvula, zithunyelwe nguNdikhoyo. Abantu ke ngoko bamoyika uNdikhoyo ngokunjalo noSamweli.

19Bonke bathi kuSamweli: "Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wakho, singafi, thina zicaka zakho. Kuzo zonke izono zethu ebesikade sizenza songeze nobu bubi bokuzicelela ukumkani."

20USamweli wathi: "Ze ningoyiki! Ewe kambe, naxa nenze bonke obu bubi, nize ningaphambuki nimke kuNdikhoyo, koko nize nimkhonze ngomxhelo uphela.

21Nize ningarhorhozeli emva koothixo abangento. Abanako ukuninceda, bengenako ukunihlangula. Kaloku bona zizinto ezingento nje.

22Ngenxa yegama lakhe elikhulu uNdikhoyo akayi kubalahla abantu bakhe, kuba

porque o SENHOR decidiu fazer de vós o seu povo.

23 Quanto à minha pessoa, longe de mim pecar contra o SENHOR, deixando de interceder por vós; eu vos ensinarei o caminho do bem e da justiça!

24 Tão somente temei ao SENHOR e sirvam-no fielmente de todo o coração, pois vede quão grandes prodígios realizou entre vós.

25 Porém, se insistirdes em praticar o que é mal, vós e o vosso rei sereis exterminados!"

1 Samuel 13

Guerra entre os israelitas e os filisteus

1 Saul já tinha reinado por um ano em Israel, e quando estava em seu segundo ano de reinado,

2 Saul escolheu três mil guerreiros de Israel; dois mil ficaram com ele em Micmás e na região montanhosa de Betel, e mil homens permaneceram com seu filho Jônatas, na cidade de Gibeá, no território da tribo de Benjamim.

3 Jônatas atacou e matou o comandante filisteu, em Geba, e os filisteus foram informados do que ocorrera. Então Saul mandou tocar o Shofar, a trombeta, conclamando o povo à guerra: "Que ouçam todos os hebreus!"

4 Então todo o Israel ouviu a notícia de que Saul havia atacado o posto dos filisteus, transformando Israel em mau cheiro perante o ódio do povo filisteus em relação aos israelenses. E por esse motivo todo o Israel

kwakholeka kuye ukunenza abantu bakhe ncakasana.

23Mna okokwam andingekhe ndimone uNdikhoyo ngokuyekelela ukunithandazela. Ndizimisele ukunifundisa ukuhamba indlela ethe mbo.

24Kodwa uNdikhoyo nize nimthobele nimkhonze ninyanisekile ngomxhelo uphela. Kaloku nizibonile ukuba zinkulu kwazo izinto anenzele zona.

25Kambe ke, ukuba niqhubela phambili ukwenza ububi, uya kunitshabalalisa kunye naloo kumkani wenu."

1 Kasamweli 13

USamweli ukhalala uSawule

1Akuba nonyaka ukuya kwiminyaka emibini elawula kwaSirayeli

2uSawule wakhetha amawaka amathathu amadoda akwaSirayeli. Amawaka amabini asala naye eMikimashe naseBhetele kweleentaba. Elinye iwaka walithumela eGibheya kummandla wakwaBhenjamin kunye noJonatan. Amanye amadoda wathi makagoduke.

3UJonatan wahlasela ikampana yamaFilistiya eyayiseGebha. Yaduma kwelamaFilistiya into yokuba amaSirayeli avus' umnyele. USawule wathumela izigidimi ukuba zihambe zibeth' izigodlo kulo lonke, zithi: "Bekan' iindlebe, maHebhere!"

4Weva ke uSirayeli ephela, kusithiwa: "USawule uyihlasele ikampana yamaFilistiya, asuka amaSirayeli aba lizothe kumaFilistiya." Amadoda akwaSirayeli abizelwa kuSawule eGiligali.

foi convocado para se unir a Saul em Guilgal.

[5] Os filisteus se ajuntaram para lutar contra os israelenses com trinta mil carros, seis mil cavaleiros, e um exército de guerreiros tão numeroso como a areia das praias do mar. Eles subiram e acamparam em Micmás, ao Oriente, a leste de Bet-Áven.

[6] Assim que os soldados israelenses perceberam que estavam em apuros e que seu exército estava sendo muito pressionado, esconderam-se em cavernas e buracos, entre as rochas e em poços e cisternas.

[7] Alguns hebreus até atravessaram o Jordão para alcançar a terra de Gade e de Gileade. Saul, contudo, ficou em Guilgal, e os soldados que estavam com ele tremiam de pavor.

Saul oferece sacrifícios, e Samuel reprova-o

[8] Então Saul esperou sete dias, conforme Samuel havia orientado; mas quando viu que Samuel não chegava a Guilgal, o exército abandonou Saul e se dispersou.

[9] Diante disso, Saul ordenou: “Trazei-me aqui os animais para o holocausto e as ofertas de paz e comunhão. E ele mesmo ofereceu o holocausto;

[10] assim que terminou de oferecê-lo, Samuel chegou, e Saul correu ao seu encontro para saudá-lo.

[11] Entretanto, Samuel lhe indagou: “Que fizeste Saul?” Ao que Saul lhe respondeu prontamente: “Eu vi que os soldados me deixavam e debandavam, e doutra parte que tu não chegaste no dia estabelecido, e ainda

[5]AmaFilistiya aqokelela umkhosi wokulwa namaSirayeli. Yaba ngamashumi amathathu amawaka eenqwelo zokulwa, namawaka amathandathu amadoda akhwele kuzo, nenyambalala yamajoni. Enjenjeya ukuya kumisa ikampu yawo eMikimashe ngasempumalanga yeBhetaven.

[6]Athi amadoda akwaSirayeli akubona ukuba mbi kwemeko yawo, nokuxinwa komkhosi wawo, asuka aya kuziqhusheka emiqolombeni nasezihlahleni, ezixhotyeni zamawa, emihadini, nasemaquleni.

[7]Amanye amaHebhere awelela ngaphesheya kweJordan kwimimandla yakwaGadi naseGiliyadi. Wasala eGiligali yena uSawule, esankwantya luloyiko amadoda awayesele naye.

[8]Walinda iintsuku zasixhenxe, njengoko wayeyalelwe nguSamweli. Akafika yena uSamweli eGiligali. Amadoda kaSawule aya echithakala,

[9]waza ke wathi: “Sondezani kum izinto zokwenza amadini atshiswayo namadini obudlelane.” Zithe zakusiwa, wanikela idini elitshiswayo.

[10]Kuthe kanye xa agqibezelayo, wagaleleka uSamweli. USawule waya kumhlangabeza, ethakazela.

[11]Wasuka uSamweli wabuza wathi: “Yintoni le uyenzileyo, Sawule?” Uphendule ngelithi uSawule: “Hayi, ndithe ndakubona amadoda echithakala, nawe ungafiki

que os filisteus estavam reunidos em Micmás.

12 E refleti: ‘Agora os filisteus vão cair sobre mim em Guilgal, e eu nem sequer tentei buscar a face de Yahweh e alcançar a sua ajuda. Assim, premido pela necessidade, ofereci o holocausto.”

13 Ao que replicou-lhe Samuel: “Agiste como um insensato! Tu não obedeceste à ordem que Yahweh teu Deus de dera. Se tivesses obedecido, Yahweh teria estabelecido o teu reino para sempre sobre todo o Israel,

14 mas agora, o teu reino não subsistirá e tu não seguirás governando; o SENHOR já escolheu um homem segundo o seu coração, e o designou líder do seu povo, porquanto tu não observaste o que Yahweh te havia determinado!”

15 Samuel levantou-se e partiu para Guilgal, a fim de seguir o seu caminho. O que restava do povo subiu atrás de Saul ao encontro dos guerreiros e foi de Guilgal a Gibeá de Benjamim, e Saul contou os soldados que permaneceram com ele e tropa era formada por cerca de seiscentos homens.

16 Saul e seu filho Jônatas e a tropa que estava com eles acamparam em Gibeá de Benjamim, enquanto os filisteus estavam posicionados em Micmás.

17 O comando de ataque partiu do campo filisteu em três grupos: um tomou a direção de Ofra, nos arredores de Sual,

18 outro grupo tomou a direção de Bete-Horom, e o terceiro grupo seguiu em direção à região fronteiriça de onde se pode

ngexesha obuthe uya kufika ngalo, namaFilistiya eqokelelana eMikimashe,

12ndaqonda ukuba la maFilistiya ngahle asihlasele apha eGiligali singekabhekisi kuNdikhoyo. Ndeva ndinyanzelekile ke ukuba ndinikele idini elitshiswayo kuNdikhoyo.”

13“Wenze ubudenge ke khona!” kutsho uSamweli. “Uwutyeshele umyalelo kaNdikhoyo uThixo wakho. Ukuba ubumthobele uNdikhoyo ubukumkani bakho kwaSirayeli bebuya kuma bumi.

14Kodwa ke ngoku luza kunqamka ulawulo lwakho, kuba uwutyeshele kaloku umyalelo kaNdikhoyo. UNdikhoyo uzityumbele enye indoda esenyongweni yakhe ukuba ibalawule abantu bakhe. ”

15USamweli wesuka eGiligali waya eGibheya kummandla wakwaBhenjamin. USawule wawabala amadoda asele naye, wafumana ukuba amalunga namakhulu amathandathu.

AmaSirayeli aswele izikhali

16USawule nonyana wakhe uJonatan kunye nomkhosi wabo babemise eGebha kummandla wamaBhenjamin. Wona amaFilistiya amisa eMikimashe.

17Umkhosi wamaFilistiya wakhupha amahlelo amathathu. Elinye ihlelo laphuma laya ngaseOfra kummandla waseShuwali,

18elinye laya ngaseBhete-horon, elesithathu labheka kwimida ejongene nentili iZebhoyim ngasentlango.

observar o vale de Zeboim, diante do deserto.

[19] Naquele tempo não havia nem mesmo um único ferreiro em todo o território israelita, porquanto os filisteus haviam proibido os hebreus de fazer espadas e lanças.

[20] Por este motivo, todo israelense tinha que dirigir-se aos filisteus para afiar seus arados, enxadas, machados e foices.

[21] O preço fixado para afiar rastelos e enxadas era de oito gramas de prata, e quatro gramas de prata para afiar tridentes, machados e pontas de aguilhadas.

[22] Assim, no dia da batalha, nenhum guerreiro de Saul e Jônatas tinha espada nem lança nas mãos, exceto Saul e seu filho Jônatas.

[23] Então os filisteus mandaram uma guarnição de soldados para dominar o desfiladeiro de Micmás.

1 Samuel 14

A vitória de Jônatas sobre os filisteus

[1] Um dia Jônatas, filho de Saul, ordenou ao seu jovem escudeiro: "Vamos, atravessemos até o posto avançado do exercito filisteu que está posicionado do outro lado!", todavia nada contou sobre esse intento a seu pai.

[2] Saul estava sentado debaixo de uma romãzeira nos limites de Gibeá, em Migrom. Em sua companhia estavam seiscentos guerreiros,

[3] entre os quais Aías, que vestia o manto sacerdotal. Ele era filho de Aitube, irmão de Icabode, filho de Finéias e neto de Eli, o

[19]KwaSirayeli kwakungekho bakhandi, kuba amaFilistiya athi: "AmaHebhere osuka enze amakrele nemikhonto."

[20]Kwakufuneka amaSirayeli aye kumaFilistiya xa afuna ukulolelwa amakhuba namagaba, amazembe kunye neerhengqa zawo.

[21]Kwakuhlawulwa iqhosha lemali ngokulola izembe nangokulungisa incula, abe mabini xa kulolwa isikali sekhuba okanye kubazwa iimviko.

[22]Ke ngoko ngomhla wedabi kwakungekho nanye indoda kwaSirayeli eyayinekrele okanye umkhonto, ngaphandle nje kukaSawule nonyana wakhe uJonatan.

Ubugorha bukaJonatan

[23]AmaFilistiya athumela igqiza lomkhosi wawo ukuya kuvala ingxingwa yaseMikimashe.

1 Kasamweli 14

[1]Ngamhla uthile uJonatan unyana kaSawule wavakala esithi kumfana omphathela izikrweqe: "Masikhe siwelele ngaphesheya phaya kulaa kampana yamaFilistiya." Phofu akayithethanga kuyise le nto uJonatan.

[2]USawule wayemise eMigron, phantsi komthi werharnati, kude kufuphi naseGibheya. Umkhosi wakhe wawungamadoda amalunga namakhulu amathandathu.

[3] Isidanga sasiphathwa ngumbingeleli uAhiya unyana ka-Ahitubhi, umntakwabo-Ikabhodi, oonyana bakaPineyasi,

sacerdote de Yahweh em Siló. Ninguém sabia que Jônatas tinha se ausentado do grupo.

abazukulwana bakaEli owayengumbingeleli kaNdikhoyo eShilo. Akazanga akuqaphele ukumka kukaJonatan nkqu namadoda omkhosi kaSawule.

4 No desfiladeiro que Jônatas procurava atravessar para atingir o acampamento filisteu, existia um penhasco íngreme de um lado, e outro pico de grande rocha do outro lado. O primeiro se chama Bozez, e o outro, Sené.

4Kuloo ngxingwa yaseMikimashe, le wayeza kuphumelela kuyo uJonatan xa awelela kwikampana yamaFilistiya, kwakukho amawa amabini, eziingqajolo, ephahle loo ngxingwa. Kwakusithiwa nguBhozeze elinye ukubizwa kwalo, elinye kusithiwa nguSene.

5 Havia também um penhasco ao norte, na direção de Micmás, e outro ainda ao sul, rumo a Geba.

5Elinye lalikwicala langasentla, lijonge eMikimashe, elinye lingasezantsi, lijonge eGebha.

6 Jônatas ordenou ao seu escudeiro: “Vamos, avançaremos até o lugar onde estão aqueles incircuncisos. Talvez o SENHOR faça alguma coisa por nós, porquanto não existe nada que possa impedir a vontade de Yahweh de nos dar a vitória, quer sejamos muitos ou poucos!”

6Ubuye wathi uJonatan kuloo mfana umphathela izikrweqe: “Masiwelele kulaa kampana yeziya ntlanga zingalukiyo. Mhlawumbi angakwicala lethu uNdikhoyo. Akukho nto inokumthintela uNdikhoyo ukuba angahlanguli, nditsho nokuba sibaninzi, nokuba simbalwa.”

7 Redarguiu-lhe seu pajem: “Segue a inclinação do teu coração. Eu estarei ao teu lado, senhor: o meu coração é como o teu coração!”

7“Yenza ngokubona kwakho. Mna ndikwelo ulithethayo, naliphi na,” utshilo umfana.

8 Ao que Jônatas afirmou: “Eis o que faremos: partiremos na direção deles, de peito descoberto.

8“Kulungile ke,” kutsho uJonatan. “Masiwele siye kuwo amaFilistiya, aze asibone.

9 Se aqueles homens nos advertirem: ‘Não vos movais até que cheguemos perto!’, ficaremos parados e não avançaremos sobre eles.

9Xa athe: ‘Yimani side size kuni,’ siya kuma kuloo ndawo sikuyo, singayi kuwo.

10 Entretanto, se nos convidarem: ‘Subi até nós!’, então subiremos, porque é sinal que Yahweh nos dará a vitória e os entregará em nossas mãos!”

10Kodwa ke xa athe: ‘Nyukani nize kuthi,’ siya kunyuka, kuba lowo ngumqondiso wokuba uNdikhoyo uwanikele esandleni sethu.”

[11] Então os dois se deixaram ver de peito aberto pelo destacamento dos filisteus, que comentaram entre si: “Eis que os hebreus estão abandonando os buracos onde estavam escondidos!”

[11]Baziveza ke kwikampana yamaFilistiya, aza wona akubabona athi: “Tyhini, nangaya amaSirayeli ephuma kulaa mihadi ebezimele kuyo!”

[12] E gritaram para Jônatas e o rapaz que o acompanhava: “Subi até aqui, pois temos algo a dar-vos a conhecer!” Diante dessa convocação, Jônatas advertiu a seu escudeiro: “Conserva-te atrás de mim, porque Yahweh acaba de entregá-los nas mãos de Israel!”

[12]Atsho akhweba uJonatan kunye nalaa mfana umphathela izikrweqe, esithi: “Yizan' apha, sinifundise isifundo!” Uthe uJonatan kuloo mfana: “Ndilandele sinyuke; uNdikhoyo uwanikele esandleni samaSirayeli.”

[13] Em seguida, Jônatas escalou o desfiladeiro, engatinhando, e seu pajem, o seguiu logo atrás. Jônatas ia atacando e derrubando os filisteus, e seu escudeiro os ia matando.

[13]UJonatan wenyuka iliwa ekhasa, elandelwa nguloo mfana, baya kuphumela. Wawahlasela amaFilistiya uJonatan, kujuba ugodo nje, umfana egqibezela awileyo.

[14] Naquele primeiro ataque, Jônatas e seu fiel escudeiro mataram cerca de vinte homens, em uma área correspondente ao terreno arado por uma junta de bois em um dia, ou seja, cerca de mil e duzentos metros quadrados.

[14]Kolu hlaselo lokuqala kwabulawa malunga namashumi amabini kwindawo engangomhlathi ubukhulu bayo.

[15] Então um terrível pavor tomou conta de todo o exército filisteu, tanto sobre os que estavam no acampamento e no campo, como sobre os que estavam nos destacamentos e até mesmo junto às tropas de ataque. Ocorreu um terremoto e grande medo de Deus caiu sobre todos.

[15]Wadideka luloyiko wonke umkhosi wamaFilistiya, nditsho lowo usekampini, nalowo usemathafeni, nalowo ukwiikampana, nalowo ukumahlelo ahlaselayo. Bacela kwabasicatyana, watsho wanyikima umhlaba. Yayingumsebenzi kaThixo ke lo.

Ukoyiswa kwamaFilistiya

[16] As sentinelas de Saul em Gibeá de Benjamim observaram o exército filisteu batendo em retirada, correndo e se dispersando em todas as direções.

[16]Amadoda omkhosi kaSawule awayegade eGibheya kummandla wakwaBhenjamin, abona kuphithizela, amaFilistiya ethwangazela, ebaleka.

[17] Diante disso ordenou Saul aos seus homens: “Fazei a chamada e verificai quem

[17]Kweso sithuba uSawule ubhekise kumadoda esithi: “Khanibale amadoda

dos nossos está ausente!" Concluída a contagem, eis que Jônatas e seu escudeiro estavam ausentes.

[18] Então Saul disse a Aías: "Trazei a Arca de Deus e o efod, o colete sacerdotal!" Naquela época ela estava com os israelitas e se usava o efod.

[19] Todavia, enquanto Saul falava com o sacerdote, crescia cada vez mais o tumulto no acampamento dos filisteus. Então Saul ordenou ao sacerdote: "Deixa por enquanto!"

[20] Naquele mesmo momento Saul e todos os seus soldados se reuniram e partiram para o local do combate. Contudo, encontraram os guerreiros filisteus em total confusão: ferindo uns aos outros com suas próprias espadas!

[21] Entre os filisteus havia hebreus que estavam ao seu serviço e que tinham subido com eles ao acampamento; também eles desertaram para reunir aos homens de Israel que estavam com Saul e Jônatas.

[22] Todos os homens de Israel que se haviam embocado nas montanhas de Efraim, tendo notícia de que os filisteus fugiam, também se puderam a persegui-los, combatendo-os.

[23] Assim o SENHOR concedeu plena vitória a Israel naquele dia, e a guerra se estendeu para além de Bete-Áven.

O atrevido voto de Saul

[24] Os homens de Israel estavam exaustos ao final daquele dia, pois Saul lhes havia imposto um juramento, ordenando: "Maldito seja o homem que comer alguma coisa antes de terminar o dia, antes que eu

akhoyo, nikhangele ukuba ngawaphi na angekhoyo." Kwakwenziwa njalo kwacaca ukuba nguJonatan nomfana omphathela izikrweqe abangekhoyo.

[18]USawule ubize umbingeleli uAbhiya, esithi: "Yiza netyesi kaThixo." (Ngelo xesha yayikho kunye namaSirayeli.)

[19]Lo gama uSawule esathetha nombingeleli, saya sikhula sona isiphithi-phithi phaya kwikampu yamaFilistiya. Waselesithi ke uSawule kumbingeleli: "Khawuyeke!"

[20]Waza uSawule wawuhlanganisa umkhosi wakhe, bawahlasela amaFilistiya. Kwakusisiphithi-phithi, amaFilistiya ethe thwanga, esilwa odwa.

[21]Amanye amaHebhere awayengakwicala lamaFilistiya, awayefudula ehlala nawo ekampini yawo, ajika angenela ngakuSawule noJonatan.

[22]Amanye awayebhacele kweleentaba lakwaEfrayim, athi akuva ukuba amaFilistiya ayaswantsuliswa, abuya angenela, asukelisa.

[23]Idabi laya kutsho ngaphaya kweBhetaven. UNdikhoyo wayemhlangula uSirayeli ngaloo mini.

UJonatan nobusi

[24]Ngaloo mini amaSirayeli ayesengxakini. Kaloku uSawule wenza isifungo esibophelela abantu, wathi: "Inene, ndithi nabani na namhlanje okhe wasa nantoni na phantsi kwempumlo ndingeka-ziphindezeli

me tenha vingado dos meus inimigos!" E, portanto, ninguém de todo o povo provou qualquer alimento o dia todo.

kwiintshaba zam uqalekisiwe." Ngoko ke akuzange kubekho mntu utyayo ngaloo mini.

25 E aconteceu que o exército entrou num bosque, onde havia mel no chão.

25Umkhosi wonke waya kufika kwindawo enehlathi. Apho ehlathini babubuninzi ubusi.

26 Os homens observaram o favo de mel escorrendo, mas ninguém o tocava, porquanto temiam o juramento que se haviam comprometido.

26Bakungena ehlathini babona ubusi butsitsa, kodwa akubangakho bani ukhongozelayo atye; kaloku bonke babesoyika isiqalekiso sikaSawule.

27 Jônatas, entretanto, não sabia da imprecação que seu pai havia imposto ao exército, de modo que estendeu a ponta da vara que tinha na mão e a molhou no favo de mel e, com a mão, saboreou o mel, e logo a sua visão que estava turva e enfraquecida, revigorou-se e ficou nítida.

27UJonatan yena wayengasivanga isifungo sikayise esibophelela abantu. Wahlaba ngentonga awayeyiphethe enqatheni lobusi, yabuya imanzi, wafaka emlonyeni, kwatsho kwee qabu kwangoko.

28 Então um dos soldados lhe chamou a atenção: "Teu pai nos impôs este juramento: 'Maldito seja o homem que comer alguma coisa durante o dia de hoje!' Por isso todos estamos desfalecidos"

28Elinye ijoni lathi: "Uyihlo uwubophelele wonke umkhosi ngesifungo esingqongqo, esithi: 'Uqalekisiwe nabani na oya kuthi atye namhlanje.' Yiloo nto amadoda ephelelwe ngamandla nje."

29 Ao que Jônatas lhe respondeu de pronto: "Infelizmente, meu pai cometeu um grande erro e trouxe desgraça sobre seu povo!" Vede como estou revigorado e enxergo melhor por haver provado um pouco deste mel.

29UJonatan akuyiva loo nto, wathi: "Ubawo ulifake enkathazweni ilizwe! Ndiziva ndidlamkile ngoku, ndakuba ndikhe ndangcamla intwana yobusi.

30 Ora, quanto mais se o povo todo tivesse comido livremente dos despojos de guerra que tomou dos inimigos! Não teria sido muito maior a derrota dos filisteus?"

30Ngekukuhle kakhulu ukuba amawethu la ebeyekiwe akutya okuya kutya kuthinjwe kwiintshaba zethu. AmaFilistiya afileyo nge-engaphezulu koku."

31 Naquele mesmo dia os israelitas derrotaram os filisteus, lutando desde Micmás até Aijalom. A essa altura os israelitas estavam muito fracos e esfomeados.

31Ngaloo mhla emva kokuba amaSirayeli ewatyakatyile amaFilistiya ukusuka eMikimashe kuse eAyalon, aziva ephelile kukudinwa.

32 Por isso, avançaram sobre o que haviam tirado dos inimigos como despojos de guerra e comeram a carne de ovelhas, bois e bezerros de qualquer maneira, com sangue.

33 A notícia chegou a Saul nestes termos: "O povo está cometendo pecado contra o SENHOR, porque está comendo sangue!" Então ele determinou: "Fostes infiéis! Rolai para cá uma grande pedra!"

34 E disse mais Saul: "Espalhai-vos no meio do povo e dizei: 'Traga cada um o seu boi ou a sua ovelha!'; vós os imolareis aqui e comereis sem pecar contra Yahweh comendo sangue!" Em seguida, durante aquela mesma noite, todos os homens trouxeram o que tinham consigo, e procederam à imolação naquele lugar.

35 Então Saul edificou um altar ao SENHOR, e foi este o primeiro altar que ele construiu.

Jônatas é condenado à morte

36 Ordenou Saul: "Desçamos durante a noite para perseguir os filisteus, e saqueemo-los até ao romper do dia; não deixemos um único homem deles sobreviver!" E os guerreiros responderam: "Faze tudo o que te parecer bem!" Contudo, o sacerdote sugeriu: "Melhor é primeiro consultarmos a Deus!"

37 Então Saul aquiesceu e pediu o conselho de Deus: "Descerei para perseguir os filisteus? Ou entregá-los-ás tu nas mãos de Israel?" Entretanto, neste dia, não houve resposta.

38 Então Saul ordenou: "Aproximai-vos , todos vós, chefes do povo! Examinai bem

32Asuka awatsibela amaxhoba, abamba iigusha, iinkomo, namathole, azixhela kwalapho, ayitya loo nyama isenegazi.

33Kwabakho abaya kuxelela uSawule, besithi: "Mhlekazi, nangaya amadoda esenza isono kuNdikhoyo ngokutya inyama enegazi." "Nikreqile!" wavakala esitsho uSawule. "Makuqengqwe ilitye elikhulu, liziswe apha,

34niye phaya kulawa madoda, nithi ndithi makeze nezo nkomo neegusha zawo, azixhele apha, azitye, angenzi sono kuNdikhoyo ngokutya inyama enegazi." Beza nazo ke ezo nkomo, bazixhela apho ngokuhlwa kwaloo mini.

35USawule ke wamakhela iqonga uNdikhoyo. Wayeqala ukwenza oko.

36Wavakala esithi kumadoda omkhosi wakhe uSawule: "Masiwahlasele amaFilistiya ngobu busuku, siwahluthe amaxhoba kude kuvele umsobomvu, siwabulale onke." Aphendula amadoda athi: "Qhuba ngokubona kwakho, mhlekazi." Kuselapho kunqande umbingeleli, wathi: "Masive kuThixo kuqala."

37USawule wabuza kuThixo esithi: "Ndingawahlasela kusini na amaFilistiya? Xa siwahlasele, uya kuwanikela esandleni sethu na?" Kodwa ngaloo mini akaphendulanga uThixo.

38Kwesi sithuba uSawule ubhekise kwiingqwayi-ngqwayi zomkhosi, wathi:

em que consistiu a falta cometida por vós neste dia.

[39] Tão certo como vive Yahweh, que dá salvação e vitória a Israel, assim, ainda que seja o meu filho Jônatas o culpado, deverá morrer!" Contudo, ninguém disse uma só palavra.

[40] Em seguida, declarou Saul diante de todo o Israel: "Ponde-vos todos vós de um lado, e eu e meu filho Jônatas de outro lado", e o povo respondeu a Saul: "Faze o que te parece certo!"

[41] Saul então exclamou: "Ó Yahweh, Deus de Israel, por que não respondeste com clareza hoje ao teu servo? Se o pecado recai sobre mim ou sobre o meu filho Jônatas, ó SENHOR, Deus de Israel, revela-me a verdade!" E a sorte tirada mediante o Urim e o Tumim apontou Saul e Jônatas, e todos os soldados saíram livres.

[42] Em seguida Saul determinou: "Lançai, pois, agora, a sorte entre mim e o meu filho Jônatas!", e Jônatas foi indicado.

[43] Então Saul voltou-se para Jônatas e lhe inquiriu: "Conta-me o que fizeste!" Jônatas replicou: "Eu somente provei um pouco de mel com a ponta da vara que tinha na mão. Todavia estou pronto para morrer."

[44] E Saul concluiu: "Que Deus me castigue com todo rigor, caso você não pague com a morte Jônatas!"

[45] Os soldados, contudo, intercederam por Jônatas junto a Saul argumentando: "Jônatas, aquele que alcançou esta grande vitória em Israel, vai morrer? De maneira alguma! Tão certo como vive Yahweh, não cairá um só cabelo da sua cabeça, porquanto

"Sondelani nonke, niphande ukuba sono sini na esenziwe kuNdikhoyo namhlanje.

[39]Ndifunga uNdikhoyo ophilayo, lo ungumhlanguli kaSirayeli, ukuba loo mntu wenze lo monakalo uya kufa, nditsho nokuba nguJonatan unyana wam." Kwathi nzwanga!

[40]Uthe uSawule kumkhosi wakhe uphela: "Kulungile ke, yimani kweliya cala nonke; mna noJonatan siza kuma kweli." "Yenza ngokubona kwakho, mhlekazi," yatsho impendulo.

[41]USawule ke wabhekisa kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli, wathi: "Nceda undinike impendulo enyanisekileyo." Kwafika impendulo, isalatha ityala kuJonatan kunye noSawule, umkhosi wona ungenatyala.

[42]Uqhube wenjenje uSawule: "Yalatha onetyala phakathi kwam nonyana wam uJonatan." Kwalathwa uJonatan.

[43]Ubuze uJonatan uSawule esithi: "Ndixelele, wenze sono sini?" UJonatan uphendule wathi: "Ndingcamle nje intwana yobusi ngomva wentonga yam. Ngaba mandifele loo nto?"

[44]USawule uthe: "UThixo aze andigwebe mna lo ukuba andikubulali wena."

[45]Basuka abantu bathi: "NguJonatan lo uza kubulawa? Asinguye lo uzisele uSirayeli uloyiso olungaka? Unotshe! Sifunga uThixo ophilayo, akayi kuthiwa cha nto. Kuyo yonke into abeyenza namhlanje ubencedwa

foi na companhia de Deus que ele realizou hoje tudo o que fez!" Assim o povo resgatou Jônatas, e ele não foi executado.

46 Saul deixou de perseguir os filisteus, que assim, puderam voltar à sua terra.

47 Quando Saul assumiu a realeza sobre Israel, lutou contra os seus inimigos em redor: moabitas, amonitas, edomitas, o rei de Zobá e os filisteus. Para onde quer que investisse o seu exército, saia vitorioso.

48 Realizou proezas de empenho e coragem e derrotou os amalequitas, libertando Israel das mãos daqueles que os saqueavam.

49 Saul teve três filhos homens: Jônatas, Isvi e Malquisua. A sua filha mais velha chamava-se Merabe, e a mais nova, Mical.

50 A sua esposa chamava-se Ainoã e era filha de Aimaás. O nome do comandante do exército de Saul era Abner, filho de Ner, tio de Saul.

51 Quis, pai de Saul e Ner, pai de Abner, eram filhos de Abiel.

52 Durante todos os anos em que Saul viveu, houve guerra encarniçada contra os filisteus. Todos os bravos e valentes que Saul ia conhecendo, imediatamente, os recrutava para seu exército.

1 Samuel 15

Samuel manda a Saul destruir os amalequitas

1 Samuel exortou a Saul dizendo: "Foi a mim que Yahweh enviou para ter ungir rei

nguThixo." Baba ke abantu bayamsindisa ekufeni uJonatan ngaloo ndlela.

46Akabanga sawasukela amaFilistiya emva koko uSawule, asuka abuyela elizweni lawo.

Ulawulo nomlibo kaSawule

47USawule ekubeni engene ezintanjeni zokulawula, wazilwa iintshaba zamaSirayeli kwiindawo ngeendawo. Walwa namaMowabhi, ama-Amon, kunye namaEdom, kwakunye neekumkani zaseZobha, namaFilistiya. Wayetshatshela konke apho aya khona edabini.

48Wayesilwa ngokukhalipha, wachitha nkqu nama-Amaleki. Wawahlangula amaSirayeli ekuhlaselweni ziintshaba zawo.

49Nanga amagama oonyana bakaSawule: nguJonatan, noIshvi, kunye noMalkishuwa. Ezintombini enkulu yayinguMerabhi, encinci inguMikali.

50Igama lomkakhe yayinguAyinowam, intombi ka-Ahimazi. Umkhosi wakhe wawuphantsi komntakwabo uAbhinere, unyana kaNere uyisekazi.

51UKishe uyise kaSawule kunye noNere uyise ka-Abhinere babengoonyana baka-Abhiyeli.

52Wahlala esilwa ngamandla namaFilistiya uSawule bonke ubomi bakhe. Wayedla ngokufaka emkhosini wakhe yonke indoda eyomeleleyo nelikhalipha.

1 Kasamweli 15

Imfazwe yamaSirayeli nama-Amaleki

1Ke kaloku uSamweli wabhekisa kuSawule wenjenje: "Ndim owathunywa nguNdikhoyo ukuba ndikuthambise ube

sobre o seu povo Israel. Portanto, escuta as palavras do Eterno.

ngukumkani wabantu bakhe amaSirayeli. Phulaphula ke ngoku, uve udaba oluvela kuNdikhoyo. UNdikhoyo uThixo onamandla onke utsho ukuthi:

2 Assim diz o SENHOR dos Exércitos: 'Resolvi castigar os amalequitas pelo mal que fizeram a Israel, atacando-o quando saia do Egito.

2'Ama-Amaleki ndiza kuwohlwaya ngenxa yokuba ookhokho bawo bawalalela amaSirayeli xa wayevela eJiputa.

3 Vai, pois, agora e investe contra Amaleque, condena-o ao anátema, consagrando-o ao SENHOR para destruição de tudo quanto houver na terra em que habitam; não tenhas piedade dele e de seu povo, mata homens e mulheres, crianças e recém-nascidos, bois e ovelhas, camelos e jumentos!"

3Yiya kuwahlasela ama-Amaleki, utshayele konke okukokwawo. Ungashiyi nto; ubulale indoda, umfazi, umntwana, nkqu nosana olu lwembala; kufe zinkomo, zigusha, zinkamela, kunye nezo donki zawo.' "

4 Saul convocou o seu exército, passou-o em revista em Telaim: duzentos mil soldados de infantaria e dez mil homens de Judá.

4Wawuhlanganisela eTelayim wonke umkhosi wakhe uSawule, apho wafika wawumisa ngezintlu. Loo mkhosi wawungamakhulu amabini amawaka amajoni akwaSirayeli, kunye neshumi lamawaka lamajoni avela kwaJuda.

5 Saul dirigiu-se à cidade de Amaleque e preparou uma emboscada no vale.

5Wesuka apho naloo mkhosi, waya kulalela ama-Amaleki kufuphi nesixeko sawo, ezindongeni zomfula.

6 Depois declarou aos queneus: "Fugi, afastai-vos dos amalequitas, para que não aconteça serdes aniquilados juntamente com todos eles, pois fostes amáveis para com os filhos de Israel quando estavam caminhando para esta região vindos do Egito!" Imediatamente os queneus saíram do meio dos amalequitas.

6Wathi kumaKeni: "Phumani nimke phakathi kwama-Amaleki, ukuze ningachatshazelwa ligazi xa ndiwatshabalalisayo. Kaloku ookhokho benu baba novelwano kumaSirayeli ukufuduka kwawo eJiputa." Emka ke amaKeni phakathi kwama-Amaleki.

7 Saul feriu os amalequitas desde Havilá até Sur, que está a leste, à vista do Egito.

7Wawaswantsulisa uSawule ama-Amaleki, zinqoza okoko ukusuka eHavila kuye kutsho eShure ngasempumalanga yaseJiputa.

[8] Aprisionou vivo Agague, rei dos amalequitas, e passou todo o povo ao fio da espada, para cumprir o anátema.

[9] Todavia, Saul e o seu exército pouparam a vida de Agague e tudo o que havia de melhor em os despojos de guerra, do gado miúdo ao graúdo, os animais gordos e as ovelhas, enfim, tudo o que havia de bom não quiseram incluí-lo no anátema; mas tudo o que era vil e desprezível o destinaram à destruição completa.

Deus manda Samuel repreender a Saul

[10] A palavra de Yahweh veio a Samuel nestes termos:

[11] "Arrependo-me de haver promovido Saul à realeza, porquanto ele se afastou de mim e não seguiu as minhas orientações!" Então Samuel ficou muito magoado e clamou ao SENHOR a noite toda.

[12] De manhã, Samuel partiu ao encontro de Saul. Deram-lhe esta informação: "Saul foi ao Carmelo, onde construiu um monumento em sua própria honra e depois partiu para longe e desceu a Guilgal."

21 Logo Saul foi informado do que ocorrera, e apressou-se em mandar outros mensageiros, os quais, da mesma maneira, entraram em êxtase. Em seguida, Saul mandou um terceiro grupo, e também estes foram tomados por aquele transe profético.

21Uthe akuyiva loo nto wathumela amanye amadoda, aza nawo angenelela. USawule uthumele izigidimi isihlandlo sesithathu, kwehla esezolo nakwezi.

22 Finalmente, Saul decidiu ir pessoalmente a Ramá. Chegando ao grande poço da cidade, que se chamava Seco, indagou onde poderia encontrar Samuel e Davi, e lhe informaram que eles estavam nas celas, na casa dos profetas, em Ramá.

22Usuke yena siqu uSawule wenjenjeya ukusinga eRama. Uthe akufika kwiqula elikhulu laseSeku, wabuzisa apho esithi: “Baphi uSamweli noDavide?” Uxelelwe kwathiwa: “BaseNayoti eRama.”

23 E aconteceu que enquanto se dirigia para lá, o Espírito de Deus também o dominou, e ele foi profetizando por todo o caminho, até chegar à Naiote, casa dos profetas, em Ramá.

23Uthe esendleleni eya apho, naye wafikelwa nguMoya kaThixo, waza wahamba eshumayela yonke loo ndlela isinga eNayoti.

24 Ao chegar, despojou-se de suas vestes, profetizou sob o mesmo arrebatamento dos profetas, na presença de Samuel; e caído, ficou nu durante todo aquele dia e toda aquela noite. Por esse motivo se costuma dizer: “Está Saul também contado entre os profetas?”

24Wafika wakhulula izambatho zakhe, washumayela njalo apho ekho uSamweli. Walala ze loo mini nobusuku bayo. Savela ngolo hlobo ke nesaci esithi: “NoSawule lo kanti selewaba ngumshumayeli naye?”

1 Samuel 20

A entrevista de Davi com Jônatas

1 Então, Davi fugiu da casa dos profetas , em Ramá, e foi conversar com Jônatas e lhe indagou: “Que fiz eu? Qual a minha falta? Que crime cometi contra teu pai, para que procure obstinadamente tirar-me a vida?”

2 Ao que Jônatas lhe assegurou: “Longe de ti tal pensamento! Tu não morrerás. Meu pai

1 Kasamweli 20

UJonatan ucengela uDavide kuSawule

1Emva koko uDavide wasaba eNayoti eRama, wabalekela kuJonatan. Ufike wabuza wathi: “Ngaba yintoni le ndenze yona kukumkani? Ndenze tyala lini? Ndimone ngani na uyihlo le nto afun' ukundibulala?”

2UJonatan wenjenje ukuphendula uDavide: “Soze ubulawe! Uyazi ukuba akukho nto

não implementará nenhum plano, importante ou não, sem avisar-me. Por que ocultaria tal empreitada de mim? Não se aflija, isso é impossível!”

akhe ayenze ubawo, nokuba inkulu, nokuba incinane, engandityandelanga igila. Ubengathini ke ukungandixeleli into enjengale uyithethayo? Hayi, akukho nto injalo.”

3 Contudo, Davi fez um juramento solene e declarou a Jônatas: “Teu pai sabe perfeitamente que eu conto com tua amizade e cooperação, e deduziu: ‘Jônatas não deve ficar sabendo dos meus intentos para que não se entristeça demais’ No entanto, tão certo como vive Yahweh, o SENHOR, e como tu vives, estou a um passo de conhecer a morte!”

3Wafunga uDavide, wathi: “Kaloku uyihlo uyazi kakuhle ukuba undithanda kakhulu, waza ke wayifihla le nto kuwe yokuceba ukundibulala, esithi: ‘UJonatan makangakwazi oku, kuba woba buhlungu.’ Kodwa ndithi kuwe, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, lona ingcwaba sendilikrobile!”

4 Então Jônatas perguntou a Davi: “O que desejas que eu faça para te ajudar?”

4Kwesi sithuba ke uJonatan uthe kuDavide: “Yitsho ndikwenzele nantoni na oyifunayo.”

5 Ao que Davi orientou Jônatas: “Amanhã é a festa lua nova e deverei estar com o rei para cear; entretanto, deixa-me ir, porém, para esconder-me no campo até o pôr-do-sol.

5Wenjenje ke ukuphendula uDavide: “Ngomso oku ngumsitho wokuthwasa kwenyanga, yaye ke kufuneka ndibekho esidlweni sikakumkani. Nceda undikhulule ndiye kuzimela endle kude kube ngokuhlwa kwangomsomnye.

6 Se o teu pai reclamar a minha ausência, dirás: ‘Davi rogou que o permitisse ir correndo a Belém, sua cidade natal, porque ali se celebra o sacrifício anual por toda a sua família.’

6Xa uyihlo ephawula ukuba andikho, uze uthi kuye: ‘UDavide undibongozile ukumvumela khe athi tsi kowabo eBhetelehem, abekho xa kusenziwa idini lonyaka elenzelwa onke amawabo.’

7 Se ele responder: ‘Está bem’, o teu servo está a salvo. Se ele, entretanto, se encolerizar, sabes com certeza que teu pai está profundamente convicto de me fazer mal.

7Ukuba uthe kulungile, úya kuba enoxolo ngakum. Kodwa ukuba uthe wacaphuka, uze wazi ukuba uzimisele ukundenzakalisa.

8 Contudo, mantenhas firme teu voto de lealdade, porquanto celebraste comigo um pacto de amizade em o Nome de Yahweh; todavia, se cometi erro o crime, mata-me tu

8Uze uncede ke uwugcine umnqophiso owandenzela wona phambi koNdikhoyo, usenzele ububele isicaka sakho. Kodwa ukuba ngenene ndinetyala, ndibulale

mesmo; porque me levarias à presença de teu pai?"

9 Jônatas lhe declarou: "Afasta de ti este mau pensamento! Se eu soubesse com certeza que meu pai está decidido a fazer cair sobre ti uma desgraça, não te contaria depressa?"

10 Diante disso Davi expressou preocupação: "E quem me avisará, se o teu pai tiver uma reação violenta para contigo?"

Jônatas faz um pacto com Davi

11 Então Jônatas disse a Davi: "Vem, saiamos para o campo." E saíram ambos ao campo.

12 Jônatas prometeu a Davi: "Por Yahweh, Deus de Israel! Sondarei meu pai amanhã, à mesma hora: se tudo for favorável a Davi e se, por consequência, eu não te mandar nenhum aviso,

13 que o SENHOR faça a Jônatas o mesmo mal e ainda lhe castigue mais! Mas se meu pai intentar fazer cair sobre ti qualquer injustiça ou crueldade, eu encontrarei uma forma de te informar e te ajudarei partir; escaparás são e salvo, e que o SENHOR esteja sempre contigo como já esteve com meu pai um dia!

14 E se eu ainda estiver entre os vivos, possas testemunhar para comigo a misericórdia leal deYahweh; todavia, se eu morrer,

15 não deixes jamais de agir com bondade para com a minha família. Quando o SENHOR exterminar da face da terra os teus inimigos,

ngokwakho; akukho nto ithi mandisiwe kuyihlo."

9"Unotshe!" kutsho uJonatan. "Ucinga ukuba ngendingakuxelelanga na xa bendisazi ukuba ubawo uzimisele ukukwenzakalisa?"

10"Ngubani kakade owondazisa xa uyihlo ekuphendule kalukhuni?" wabuza uDavide.

11"Makhe siye ngasendle," kutsho uJonatan. Bahamba ke kunye,

12waza uJonatan wathi kuDavide: "Ekho nje uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, ngeli xesha ngomsomnye ndakuba sendiyiphandile le nto kubawo. Ndokwazisa xa ndimfumene engenandawo ngakuwe.

13Kanti ke ukuba uzimisele ukukwenzakalisa, ndize mna ndingakuxeleli khon' ukuze ubaleke, aze andohlwaye mna lo uNdikhoyo. UNdikhoyo makabe nawe kanye njengoko wayenobawo!

14Ukuba mna ndisaphila, uze uthembeke kum oku kukaNdikhoyo, kodwa xa ndithe ndafa,

15uze uhlale unaloo ntembeko kusapho lwam ngalo lonke ixesha, naxa uNdikhoyo selezitshabalalisile iintshaba zakho kulo lonke ihlabathi."

[16] que o meu nome não seja apagado juntamente com a casa de Saul, senão o SENHOR o cobrará de Davi!”

[17] E Jônatas fez com que Davi reafirmasse seu juramento de amizade leal, porquanto Jônatas amava Davi como a si próprio.

[18] Então Jônatas combinou com Davi: “Amanhã é a celebração da festa da lua nova, e tua ausência será questionada, porquanto teu lugar ficará vazio.

[19] Depois de amanhã, vai depressa ao lugar onde te escondeste quando tudo isto teve início e fica junto à pedra de Ezel.

[20] Eu atirarei três flechas para aquela direção, como se atirasse em um alvo.

[21] Então mandarei um menino, dizendo: ‘Vai buscar as flechas.’ Se eu expressamente orientar o menino, exclamando: ‘Olha que as flechas estão mais para cá, traga-as aqui!’ Então poderás vir, porque, como vive o SENHOR, tu estarás em paz, e não haverá nada a temer.

[22] Entretanto, se eu gritar ao menino: ‘Olha que as flechas estão mais adiante!’ Vai-te embora, porque o SENHOR te manda ir.

[23] E quanto ao acordo que fizemos, oYahweh, o SENHOR é testemunha entre nós dois para sempre!”

[24] Então Davi se escondeu no campo. O rei Saul chegou para a festa da lua nova, e assentou-se à grande mesa para dar início à ceia.

[25] Saul tomou seu lugar de costume, junto à parede, em frente ao seu filho Jônatas, e

[16]UJonatan wanqophisana nomzi kaDavide, esithi: “Maze uNdikhoyo aziphindezele kwiintshaba zikaDavide.”

[17]UJonatan wabuya wamfungisa uDavide ukuba amthande, kuba yena wayemthanda uDavide ngomphefumlo wakhe wonke.

[18]Uqhube wathi uJonatan: “Ngomso sisidlo sokuthwasa kwenyanga, yaye kuza kubonakala ukuba akukho. Kaloku indawo yakho iya kuba ingenamntu.

[19]Ngomsomnye koba sobala nje ukuba akukho ethekweni. Hamba uye kuzimela kulaa ndawo wawuzimele kuyo, ufike uzifihle ngakwilitye le-Ezeli.

[20]Mna ke ndodubula apho ngakulo ngeentolo zibe ntathu, ndibe ngathi ndizijolise entweni.

[21]Emva koko ke ndothuma isicaka ukuba siye kuzikhangela. Xa ndithi kwisicaka: ‘Nazi iintolo nganeno kwakho, yiza nazo;’ uze uqonde ukuba akukho ngozi, uphume ubuye.

[22]Kodwa xa ndithe: ‘Nazo ngaphaya kwakho iintolo;’ uze usuke umke, kuba uNdikhoyo woba esithi: ‘Hamba!’

[23]Uze ukhumbule ukuba uNdikhoyo ulingqina phakathi kwethu ngomnqophiso esiwenzileyo.”

[24]Wahamba ke uDavide, waya kuzimela endle. Ngomhla womsitho wokuthwasa kwenyanga ukumkani uSawule

[25]wahlala endaweni yakhe ethekweni ngaseludongeni. Ecaleni kwakhe kwahlala uAbhinere, waza uJonatan wahlala

Abner sentou-se ao lado do rei, porém o lugar de Davi ficou vago.

26 Contudo, Saul não fez qualquer observação sobre isso naquele dia, porquanto imaginou: “Alguma coisa deve ter acontecido a Davi que o tornou cerimonialmente impuro neste dia.”

27 No dia seguinte, o segundo dia do festival da lua nova, o lugar de Davi continuou vazio. Então Saul indagou a seu filho Jônatas: “Por que o filho de Jessé não veio cear conosco nem ontem nem hoje?”

28 Ao que Jônatas lhe explicou: “Davi me pediu com insistência permissão para ir a Belém.

29 Ele me disse: ‘Deixa-me ir, rogo-te, porque nós temos um sacrifício de nosso clã na cidade, e meus irmãos imploraram minha presença; agora, portanto, se gozo do teu favor, permita-me ir, a fim de que eu vá e possa ver os meus irmãos!’ Por este motivo ele não compareceu à mesa do rei.”

30 Então Saul se inflamou de cólera contra Jônatas e esbravejou: “Filho de uma vagabunda insolente! Acaso não tenho pleno conhecimento que tens favorecido o filho de Jessé para tua vergonha e para vergonha daquela que te deu à luz?

31 Enquanto o filho de Jessé estiver com vida na terra, tu não estarás em segurança, nem o teu reino. Trata, pois, de encontrá-lo e traze-o à minha presença, pois eis que ele está condenado à pena de morte!”

32 Contudo, Jônatas ponderou a seu pai: “Por que deverá ele morrer? Que te fez Davi?”

ejongene nokumkani. Yayingenamntu indawo kaDavide,

26kodwa uSawule akazange athethe nto loo mini, kuba wacinga esithi: “Ngahle kukho nto imvaleleyo uDavide, emenze waba ngongahlambulukanga – inene unomlaza.”

27Ngengomso olandela itheko lokuthwasa kwenyanga ayibanga namntu kwakhona indawo kaDavide, waza uSawule wabuza kuJonatan wathi: “Kutheni engezanga esidlweni izolo nanamhla unyana kaJese?”

28UJonatan uphendule ngelithi: “Undicengile ukuba ndimvumele ahambe aye eBhetelehem.

29Uthe: ‘Nceda undikhulule, kuba kowethu eBhetelehem kuza kubakho idini, waye ke nomkhuluwa wam undiyalele ukuba ndibekho nakanjani. Ukuba ungumhlobo wam, ndikhulule ndikhe nditsibe ekhaya, ndibone amawethu.’ Yiyo ke loo nto umbona engekho nje endaweni yakhe apha etafileni kakumkani.”

30Wavutha ngumsindo uSawule akuyiva le ntetho kaJonatan, wathi: “Yini le, gqubushandini lomvukeli! Uba andikuqondi ukuba ukhetha icala likaDavide unyana kaJese? Phofu uzihlaza wena kunye naloo nyoko wakuzalayo.

31Wena kunye nobukumkani bakho akusoze uzinze esaphila unyana kaJese. Yiza naye apha ke ngoku – ndimfuna efile!”

32UJonatan ubuze kuyise wenjenje: “Uza kubulawelwa ntoni? Wenze tyala lini?”

[33] Diante destas palavras, Saul tomou sua lança e a arremessou contra Jônatas com a gana de matá-lo. E assim, ficou claro para Jônatas o quanto seu pai estava determinado a destruir a vida de Davi.
[34] Então Jônatas deixou a mesa fervendo de raiva, e não comeu nada nesse segundo dia de celebrações de lua nova, pois grande era sua tristeza e vergonha pela humilhação que seu pai lançara sobre a pessoa de Davi.
[35] Na manhã do dia seguinte, Jônatas partiu para o campo, para o encontro combinado com Davi, e ia acompanhado de um menino que o servia.
[36] Ele disse ao seu jovem servo: 'Corre e procura as flechas que vou atirar.' O servo correu, e Jônatas atirou uma flecha com força suficiente para que ela fosse além dele.
[37] Assim que o servo conseguiu chegar próximo da flecha que ele havia atirado, Jônatas lhe gritou: "Não está a flecha para lá de ti?"
[38] E Jônatas gritou ainda outra vez: "Rápido! Despacha-te! Não te demores!" O servo de Jônatas apanhou a flecha e a trouxe ao seu senhor.
[39] O menino não desconfiou de nada. Só Jônatas e Davi sabiam o real significado de tudo o que estava acontecendo ali.
[40] Em seguida, Jônatas entregou as suas armas ao jovem servo que o acompanhara e ordenou-lhe: "Volta e leva-as à cidade!"
[41] Assim que o servo de Jônatas partiu de volta à cidade, Davi saiu de trás do outeiro, atirou-se ao chão e inclinou a fronte três vezes, encostando o rosto na terra, diante de Jônatas; em seguida os dois se abraçaram.

[33]Kweso sithuba uSawule wajula umkhonto, efuna ukumbulala uJonatan. Waqonda mhlophe ke uJonatan ukuba uyise uzimisele mpela ukumcim' igama uDavide.
[34]Wemka kuloo tafile efutha ngumsindo uJonatan. Akasa nasuntswana eli emlonyeni ngaloo mini yesibini yetheko. Wayebuhlungu yindlela ekrwada uyise amphathe ngayo uDavide.
[35]Ngengomso uJonatan waya endle kuDavide ngokwesigqibo sabo. Wayehamba nenkwenkwana,
[36]wathi kuyo: "Baleka ulande iintolo zam ndakuzidubula." Yabaleka ngaphambili loo nkwenkwe, uJonatan wadubula utolo lwaya kuwa ngaphaya kwayo.
[37]Ithe yakufika ngakuloo ndawo beluwe kuyo utolo loo nkwenkwe, wayikhwaza uJonatan, esithi: "Kwedini, utolo naluya ngaphaya kwakho!
[38]Umele ntoni apho! Baleka!" Yaluchola olo tolo inkwenkwe, yalusa kwinkosi yayo,
[39]ingazi yona ukuba kwakuqhubeka ntoni na. Loo nto yayisaziwa nguJonatan noDavide kuphela.
[40]Wayinika izikrweqe zakhe uJonatan loo nkwenkwe, wathi mayigoduke nazo.
[41]Yakuba imkile, uDavide waphuma kuloo ndawo wayezimele kuyo, wathi guqaqa ngamadolo, ekhahlela, ubuso bude buye kutsho emhlabeni izihlandlo zade zaba

Então despediram-se beijando um ou outro e chorando copiosamente; e Davi pranteou ainda mais do que Jônatas.

42 Então Jônatas encorajou a Davi, dizendo: “Vai em paz. Quanto ao pacto de amizade leal que juramos um ao outro em o Nome do SENHOR, que o próprio Yahweh seja testemunha entre mim e ti, entre a minha descendência e a tua!” E assim, Davi partiu e Jônatas retornou à cidade.

zithathu. Bangana bobabini belilelana, uDavide elila ngokugqithisileyo.

42Kwesi sithuba uJonatan uthe kuDavide: “Hamba ngoxolo, mfondini, kuba thina sobabini sifungile egameni likaNdikhoyo. Ngoko ke uNdikhoyo ulingqina phakathi kwam nawe, naphakathi kwenzala yam neyakho.” UDavide ke wemka, waza yena uJonatan wabuyela edolophini.

1 Samuel 21

Davi vai ter com o sacerdote Aimeleque

1 Davi foi falar com o sacerdote Aimeleque, em Nobe. O sacerdote saiu tremendo de medo quando se encontrou com ele, e inquiriu-lhe: “Por qual motivo vieste sozinho e não há ninguém te acompanhando?”

2 E Davi respondeu ao sacerdote Aimeleque: “O rei me deu ordens e a seguinte recomendação: ‘Que ninguém saiba de que missão especial te encarreguei e que ordem te dei!’ Quanto aos meus homens, marquei encontros com eles em certo lugar combinado.

3 Agora, tens cinco pães ou outro alimento à mão que podes me oferecer?”

4 Replicou-lhe prontamente o sacerdote: “Não tenho pão comum à mão; somente pão consagrado; se teus soldados não tiveram relações sexuais recentemente, estarão purificados para se alimentarem deles.

5 Ao que Davi respondeu: “Certamente, as mulheres nos foram proibidas, como sempre acontece quando parto em campanha.

1 Kasamweli 21

UDavide ubalekela eNobhi kwa-Ahimeleki

1Ukusuka apho uDavide waya kwambingeleli uAhimeleki eNobhi.Wamhlangabeza uAhimeleki esoyika, wambuza esithi: “Kutheni uhamba wedwa nje? Kutheni kungekho bani ukukhaphayo nje?”

2Uphendule wenjenje uDavide: “Ndize apha ngokuthunywa ngukumkani. Yaye uthe ze ndingaluxeleli mntu udaba andithume lona. Ndithe kumadodana am siya kudibana endaweni ethile.

3Ngaba akunanto ityiwayo apha? Ndiphe izonka noba zihlanu, okanye nantoni ongaba unayo.”

4Uthe umbingeleli: “Akukho sonka siqhelekileyo sikhoyo apha; kuphela kwesonka esikhoyo sesingcwalisiweyo. Phofu ungasifumana xa loo madodana akho engakhange ahlangane nabantu ababhinqileyo kutshanje.”

5UDavide wamphendula umbingeleli wathi kuye: “Inene, asidibani nabantu ababhinqileyo xa sihambela umcimbi,

Portanto, não tocamos em mulher alguma. Esses homens mantêm o corpo puro mesmo em missões comuns. Quanto mais neste dia especial!”

nokuba ngongephi, andithethi ke xa kungumcimbi omkhulu njengalo siwuphetheyo.”

6 Em seguida, o sacerdote lhe deu os pães que haviam sido consagrados, porque não havia outro alimento disponível, salvo o de oblação, o pão da Presença, que se retira de diante de Yahweh, o SENHOR, e que tinham sido tirados da mesa sagrada e trocados por pães quentes.

6Umbingeleli ke wamnika uDavide eso sonka singcwalisiweyo, kuba kwakungekho sonka simbi ngaphandle kweso sasinikelwe kuNdikhoyo.Sasisesisusiwe esibingelelweni, sekubekwe esitsha.

7 Aconteceu, entretanto, que um dos servos de Saul estava ali naquele dia, cumprindo seus deveres diante do SENHOR; era o edomita Doegue, chefe dos pastores de Saul.

7UDowegi wase-Edom, induna yabelusi bakaSawule, wayekho apho ngaloo mini, ehlaliswe endlwini kaNdikhoyo.

8 Davi ainda pediu a Aimeleque: “Há por aqui, à tua mão, uma lança ou uma espada? Eu não trouxe comigo nem a minha espada nem as minhas armas pessoais, porquanto a ordem do rei exigiu máxima presteza!”

8UDavide wabuza uAhimeleki wathi: “Akunamkhonto na okanye ikrele apha? Udaba lukakumkani lwalungxamisekile kangangokuba andizange ndifumane thuba lakuthatha sixhobo konke.”

9 Respondeu-lhe o sacerdote: “A espada de Golias, o filisteu, que mataste no vale de Elá, fica bem ali, embrulhada num manto, atrás do efod, colete sacerdotal. Se desejares, toma-a, pois não há aqui nenhuma outra arma!” Diante do que Davi exclamou: “Certamente não há espada melhor que esta, dá-me a espada!”

9Wathi umbingeleli: “Likho ikrele apha. LelikaGoliyati, lowa mFilistiya wambulalela kwintlambo yom-oki. Naliya phaya ligqunywe ngesidanga, lithandelwe ngesiziba. Ungalithatha xa ulifuna; kuphela kwesikrweqe esikhoyo apha eso.” Wathi uDavide: “Ndinike lona. Akukho limbi linjengalo.”

Davi foge para Aquis, rei de Gate

UDavide ubalekela eGati kukumkani uAkishe

10 Naquele dia, levantou-se Davi e fugiu para longe de Saul, e foi procurar Aquis, rei de Gate.

10Wemka uDavide, ebaleka uSawule, waya eGati kukumkani uAkishe.

11 Contudo os conselheiros de Aquis lhe questionaram: “Não é este Davi, o rei da terra? Não era para ele que se cantavam nas festas e danças: ‘Saul abateu seus milhares, e Davi suas dezenas de milhares’?

11Amaphakathi kakumkani uAkishe abuza kukumkani athi: “UDavide lo asingokumkani na kowabo? Asinguye lo babesombela ngaye abafazi, besithi: ‘USawule ubulele amawaka, kodwa yen'

uDavide uwise amawaka ngamawaka alishumi'? "

12 Davi considerou o perigo daquelas observações e ficou com muito medo de Aquis, rei de Gate.

12Wakuwazikisa la mazwi uDavide wangenwa kukumoyika ukumkani uAkishe.

13 Diante das circunstâncias e na presença deles, Davi fingiu-se de louco; rabiscou coisas sem sentido nos portões da cidade e deixando escorrer saliva pela barba.

13Kwathi ke ngalo lonke ixesha ekufuphi naye, uDavide aziphambanise, enze izinto zobugeza. Wayedla ngokukrwela ezindongeni zesixeko, avuzise izinkcwe zihle ngeendevu.

14 Então Aquis esbravejou contra seus conselheiros: "Bem vedes que este homem está alucinado! Por que o trouxestes à minha presença?

14Wavakala uAkishe esithi kwiinduna zakhe: "Hayi, le ndoda iphambene! Niyizisela ntoni apha kum?

15 Será que tenho falta de loucos ao meu redor, para que trouxésseis mais este a fim de me atormentar com suas doidices? O que ele está fazendo no meu palácio?

15Ndiswele amageza kakade le nto nindizisela elinye lize kundiphambanela apha ekhaya?"

1 Samuel 22

Davi esconde-se na caverna de Adulão

1 Davi partiu dali e se refugiou na caverna de Adulão. Quando seus irmãos e toda a casa de seu pai foram informados disso, desceram ali para se encontrarem com ele.

2 Todos os que se achavam em dificuldades, todos os endividados, todos os descontentes formaram um bando ao seu redor e o proclamaram seu chefe. Havia cerca de quatrocentos homens que acompanhavam a Davi.

3 De lá Davi partiu para Mispá, em Moabe, e solicitou ao rei de Moabe: "Permite que meu pai e minha mãe fiquem aqui até que eu saiba o que Deus fará por mim?"

1 Kasamweli 22

UDavide uzimela eMowabhi

1Emva koko wemka eGati uDavide, ebalekela kumqolomba ongaseAdulam. Abantakwabo nendlu yonke kayise baya kugaleleka apho bakuba bevile ngomkhondo wakhe.

2Kwakudla ngokuya kuye abantu ababandezelekileyo, nabaneengxaki zamatyala, nabanganelisekanga, waba yinkokheli yabo. Amadoda anaye ayemalunga namakhulu amane ewonke.

3Wesuka apho uDavide, waya kwelaseMowabhi eMizpa, wabhekisa kukumkani walapho wenjenje: "Mhlekazi, ubawo nomama ndibacelela indawo apha kuwe, ndide ndiqonde ukuba uThixo iinjongo zakhe ziyintoni na ngam."

[4] E assim ele os deixou sob os cuidados do rei de Moabe, e lá eles permaneceram enquanto Davi esteve refugiado na fortaleza.

[4]Wabashiya apho ke uyise nonina, baza bahlala khona phantsi kokumkani waseMowabhi wonke lo gama yena Davide wayezimele enqabeni.

[5] O profeta Gade, entretanto, recomendou a Davi: “Não se demore em teu refúgio, parte e entra no território de Judá!” Davi saiu e foi esconder-se na floresta de Herete.

[5]Emva koko kwafika umshumayeli uGadi kuDavide, wathi: “Musa ukuhlala kule nqaba. Buyela kwaJuda.” Wemka ke apho uDavide, waya kuhlala kwihlathi laseHerete.

Saul mata todos os sacerdotes de Nobe

Ukubulawa kwababingeleli

[6] Saul ouviu que Davi e os homens que o seguiam haviam sido localizados. Saul estava em Gibeá, sentado, empunhando sua lança, debaixo da tamargueira, numa colina, com todos os seus oficiais ao redor.

[6]Ke uSawule weva ukuba uDavide kunye namadoda akhe babhaqiwe. USawule wayeseGibheya, echophe phantsi komthi womtamariske, ephethe umkhonto. Kwakuthe nqwadalala, amaphakathi akhe emngqongile.

[7] Então Saul exclamou aos servos que o acompanhavam: “Ouvi, pois, homens de Benjamim! Dar-vos-á também, o filho de Jessé, a todos vós terras e vinhas, e vos nomeará comandantes sobre mil e chefes de cem?

[7]Wathi uSawule kumaphakathi akhe amngqongileyo: “Khanindiphe iindlebe, mawethu akwaBhenjamin! Nicinga ukuba kanene unyana kaJese uza kuninika amasimi nezidiliya, animise nonke nibe ngabaphathi bamabutho namaqela?

[8] É por esta razão que todos vós têm conspirado contra a minha pessoa? Ora, ninguém me informa quando meu filho faz algum acordo com o filho de Jessé. Nenhum de vós expressa solidariedade para comigo e me revela que o meu filho persuadiu um dos meus servos a armar ciladas contra mim e a tornar-se meu grande inimigo, como hoje se confirma!”

[8]Ngaba yiyo loo nto nonke senindenzela amayelenqe? Yiyo loo nto kungabangakho namnye kuni okhe wandithela thsuphe ngemvumelwano yonyana wam nonyana kaJese? Bekungasekho mntu na undikhathaleleyo kangangokuba andixelele ukuba uDavide, isicaka sam, ndithethanje undilalele, efuna ukundibulala, exhaswa ngunyana wam?”

[9] Foi quando Doegue, o edomeu, que também estava entre os oficiais de Saul, afirmou: “Observei o filho de Jessé chegar a Nobe, para falar com o sacerdote Aimeleque, filhos de Aitube.

[9]UDowegi owayengomnye waloo maphakathi ayengqonge uSawule, wangenelela wenjenje: “Ndambona uDavide eye eNobhi kuAhimeleki unyana ka-Ahitubhi.

[10] Aimeleque consultou o SENHOR em favor dele e lhe deu mantimento; e também lhe entregou a espada de Golias, o filisteu.
[11] Então o rei mandou chamar o sacerdote Aimeleque, filho de Aitube, e toda a casa de seu pai, isto é, os sacerdotes que estavam em Nobe; e todos eles compareceram à presença do rei.
[12] E Saul exclamou: "Ouve, filho de Aitube!" E ele respondeu: "Eis me aqui, para servi-lo meu senhor!"
[13] Então Saul lhe interrogou: "Por que conspirastes contra mim, o filho de Jessé e tu? Tu lhe deste pão e uma espada, e consultaste sobre a vontade de Deus em beneficio dele, a fim de que ele se transformasse num inimigo, se rebelasse contra minha pessoa e me armasse cilada, como esta fazendo neste dia?

[14] Aimeleque respondeu ao rei: "Meu senhor! Quem entre todos os teus oficiais é tão fiel como Davi, o genro do rei, comandante da tua guarda, e honrado na tua própria casa?

[15] Acaso hoje foi a primeira vez que consultei a Deus em favor dele? É certo que não! Que o rei não atribua nenhuma acusação contra mim, teu servo, tampouco condene alguém da casa de meu pai, pois teu servo não soube nada de tudo o que está acontecendo, nem uma só palavra!"

[16] Contudo o rei sentenciou: "Tu morrerás, Aimeleque, tu e toda a tua família!"

[17] E, imediatamente, o rei ordenou aos homens da sua guarda pessoal: "Aproximai-

[10]UAhimeleki wabuzela uDavide kuNdikhoyo, waza wamnika umphako nekrele lomFilistiya uGoliyati."
[11]Emva koko ukumkani uSawule wathumela ukuba kuye kubizwa uAhimeleki unyana ka-Ahitubhi nezalamane zakhe ezazingababingeleli eNobhi. Bonke ke beza kukumkani.
[12]Wathi uSawule: "Phulaphula, nyana ka-Ahitubhi!" "Ewe, mhlekazi," waphendula watsho uAhimeleki.

[13]Uqhube wathi uSawule: "Liyelenqe lani eli nindenzela lona wena nonyana kaJese? Umnikeleni ukutya, nekrele, wada wambuzela kuThixo, ukuze asuke andilalele njengokuba kunjalo ngoku?"

[14]Uphendule wenjenje uAhimeleki: "Mhlekazi, kungekho sicaka unaso sithembeke ngaphezu kukaDavide nje? Kaloku uDavide ngumyeni wentombi yakho, engumphathi wabagadi bakho, yaye uhlonitshwa ngumntu wonke wakomkhulu.

[15]Ndimbuzele kuNdikhoyo, ndaye ndingaqali kwenjenjalo phofu. Nalo mba athetha ngawo umhlekazi andazani nawo mna, nditsho namawethu ephela akazi nto ngawo."

[16]Ukumkani uphethe ngelithi: "Umelwe kukufa, wena Ahimeleki, kunye nomzi wonke kayihlo."
[17]Watsho ebhekisa kubagadi esithi: "Bulalani ababingeleli bakaNdikhoyo!

vos e matai os sacerdotes do SENHOR, porquanto eles também estão cooperando com Davi. Souberam que ele estava fugindo, mas não me comunicaram!" Entretanto, os servos do rei se recusaram a levantar as mãos para matar os sacerdotes de Yahweh.

Babebhunga noDavide, abandixelela naxa asabileyo, ukanti babeyazi loo nto." Bala bona abagadi ukusa isandla kubabingeleli bakaNdikhoyo.

18 Então o rei ordenou a Doegue: "Vira-te e mata agora os sacerdotes!" Em seguida, Doegue, o edomeu, virou-se, atacou os sacerdotes e matou naquele dia oitenta e cinco homens que vestiam efod, o colete de linho.

18Wathi ke uSawule kuDowegi: "Bahlasele aba babingeleli!" Waza uDowegi wabahlasela wababulala bonke. Yayingamashumi asibhozo ababingeleli ababenelungelo lokuphatha isidanga ababulawa nguDowegi ngaloo mini.

19 Além disso, Saul mandou matar todos os habitantes de Nobe, a cidade reservada aos sacerdotes. Foram dizimados homens, mulheres, crianças, recém-nascidos, e até os bois, jumentos e ovelhas.

19Wada wabulala bonke abemi baseNobhi, eyayisisixeko sababingeleli. Kwafa amadoda nabafazi, abantwana neentsana; kwafa zinkomo, zidonki, zigusha, akwasala nto.

Abiatar, um dos sacerdotes, escapa e vai ter com Davi

20 Contudo, Abiatar, o filho de Aimeleque e neto de Aitube, sobreviveu e conseguiu fugir para juntar-se a Davi.

20Kwasinda kuphela uAbhiyatare unyana ka-Ahimeleki, owabalekela kuDavide.

21 Abiatar contou a Davi que Saul tinha exterminado todos os sacerdotes de Yahweh.

21Wafika wambalisela ukuba uSawule ubaxabele ababingeleli bakaNdikhoyo.

22 Davi, consternado, revelou a Abiatar: "Naquele dia, quando Doegue, o edomeu,

22Wathi uDavide kuAbhiyatare: "Ndaqonda kakuhle ndakumbona uDowegi phaya eNobhi ukuba akanakuze angamxeleli uSawule. Ndim obabeke esichengeni abantu bakuni.

23 Fica, pois, comigo, não temas; porque aquele que procura a minha destruição de igual modo busca matar a ti também; entretanto, estarás a salvo junto a mim!"

23Seluhlala apha kunye nam, ungaxhali; akukho nto iya kukuthi cha apha. Lowo uzungula ubomi bakho uzungula nobam."

1 Samuel 23

Davi livra Queila

1 Kasamweli 23

UDavide uhlangula iKehila

[1] Disseram a Davi que os filisteus tinham atacado a cidade de Queila e estavam roubando o trigo que havia sido colhido recentemente.

[2] Então Davi consultou a Yahweh, o SENHOR, dizendo: “Devo partir e batalhar contra esses filisteus?” Ao que o SENHOR lhe respondeu prontamente: “Vai, ataca os filisteus e salva a cidade de Queila!”

[3] Entretanto, os homens de Davi lhe confessaram: “Se aqui em Judá já estamos sentindo medo, quanto mais ao nos aproximarmos da cidade de Queila e ficarmos diante do exército dos filisteus?”

[4] Davi, então, voltou a consultar Yahweh, e o SENHOR lhe assegurou: “Levanta-te, desce a Queila, porque Eu entregarei os filisteus nas tuas mãos!”

[5] Então Davi e os seus homens foram a Queila, combateram filisteus, mataram muitos deles e se apoderaram de seus rebanhos, impondo-lhes total derrota e libertando a população daquela cidade.

[6] Aconteceu que Abiatar, filho de Aimeleque, tinha levado o efod, o colete sacerdotal quando fugiu para se juntar a Davi, em Queila.

[7] Assim que Saul foi informado de que Davi havia partido para Queila, exclamou: “Deus o entregou nas minhas mãos! Davi foi para uma cidade cercada de muralhas, com portões reforçados, e assim aprisionou-se como quem cai numa armadilha.”

[1]Zafika kuDavide iindaba ezithi: “AmaFilistiya ayihlasele idolophu iKehila; aphanga ingqolowa apho ibhulelwa khona.”

[2]UDavide wabuza kuNdikhoyo wathi: “Mandiwahlasele na amaFilistiya?” UNdikhoyo wathi: “Yiya kuwahlasela, ubahlangule abantu baseKehila.”

[3]Amadoda kaDavide wona avakala esithi: “Singathi sihleli sisoyika kakade apha kwaJuda, sibuye siye kuhlasela umkhosi wamaFilistiya eKehila?”

[4]Emva koko ke uDavide wabuza kuNdikhoyo kwakhona ukuba angaya kuwahlasela na amaFilistiya. Waphendula wathi uNdikhoyo: “Wahlasele amaFilistiya eKehila, kuba ndiza kuwanikela ezandleni zakho.”

[5]UDavide wanduluka kunye namadoda akhe, baya kuwahlasela amaFilistiya. Babulala amaFilistiya amaninzi, bathimba nemihlambi yawo. Waba ke uyihlangule njalo loo dolophu uDavide.

UAbhiyatare ubuzela uDavide kuNdikhoyo

[6]Ekubalekeleni kwakhe kuDavide eKehila uAbhiyatare unyana ka-Ahimeleki wafika esiphethe isidanga.

[7]Zafika kuSawule iindaba zokuba uDavide waya eKehila. Wavakala esithi: “Unikelwe nguThixo kum uDavide lo. Uzikhonkxile ngokwakhe ngokuya kungena kwidolophu enamasango atshixwayo.”

[8] Em seguida Saul convocou todos os seus soldados para a batalha a fim de marchar contra a cidade de Queila e cercar a Davi e os seus homens.

[9] Quando Davi recebeu as notícias de que Saul tramava o mal contra ele, disse ao sacerdote Abiatar: "Traze o colete sacerdotal! Vamos consultar a Deus."

[10] Então Davi orou: "Ó Yahweh, Deus de Israel, o teu servo ouviu dizer que Saul se prepara para atacar a cidade de Queila e destruir a todos por minha causa!

[11] Saul descerá de fato, como entendeu o teu servo? Ó Yahweh, Deus de Israel, faze-o saber a teu servo!" Então, prontamente, o SENHOR respondeu: "Descerá."

[12] Davi perguntou ainda: "Será que os líderes e o povo de Queila entregarão a mim e aos homens que me seguem nas mãos de Saul? E o SENHOR afirmou: "Entregarão."

[13] Então Davi e seus homens, que formavam uma milícia com cerca de seiscentos soldados, partiram da cidade de Queila, e vagaram sem rumo definido. Contudo, assim que Saul foi informado de que Davi havia fugido de Queila, ele interrompeu a marcha.

Saul persegue Davi no deserto de Zife

[14] Davi permaneceu no deserto, refugiando-se em lugares seguros e na região montanhosa do deserto de Zife. Dia após dia Saul o procura obstinadamente, mas Deus não entregou Davi em suas mãos.

[8]Watsho eqokelela umkhosi wakhe wonke uSawule, ukuba aye kuvingcela uDavide namadoda akhe apho eKehila.

[9]Zafika kuDavide iindaba zokuba uSawule uceba ukwenza ububi kuye, waza wathi kuAbhiyatare: "Yiza nesidanga."

[10]Ubuze kuNdikhoyo ke uDavide wenjenje: "Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, ndiva kusithiwa ngenene uSawule uzimisele ukuza kuyihlasela ayitshabalalise iKehila ngenxa yam.

[11]Ndixelele, mna sicaka sakho, ndiyakubongoza, ngaba angandinikezela kuSawule amadoda amakhulu alapha? Ngaba ngenene uSawule uza kuza njengoko amarhe esitsho?" UNdikhoyo waphendula wathi: "Uza kuza."

[12]"Amadoda amakhulu aseKehila ngaba aza kusinikela kuSawule?" ubuzile uDavide. "Ewe, aza kuninikela," kutsho uNdikhoyo.

[13]Wanduluka kwangoko ke eKehila uDavide kunye namadoda akhe amalunga namakhulu amathandathu, behamba behlala. Akabanga saya eKehila uSawule akuva ukuba uDavide ubalekile wemka apho.

UDavide kweleentaba

[14]UDavide waya kuhlala kwiindawo ezinqabileyo entlango nakweleentaba zentlango eyiZifi. Wathi rhoqo uSawule ukufuna uDavide, kodwa uNdikhoyo akamnikelanga ezandleni zakhe.

15 Quando Davi estava em Horesa, no deserto de Zife, tomou conhecimento de que Saul havia partido decidido a matá-lo.

16 Jônatas, filho de Saul, foi encontrar-se com Davi na cidade de Horesa e encorajou Davi a continuar confiando na proteção de Deus.

17 Disse Jônatas a Davi: "Não temas, porquanto as mãos de meu pai Saul não te tocarão. Em verdade, tu reinarás sobre Israel, e eu lhe servirei como segundo em comando. Ora, até mesmo meu pai conhece esta profecia!"

18 Então ali, na presença do SENHOR, ambos renovaram seu pacto e promessa de amizade perene. Davi permaneceu em Horesa, e Jônatas retornou para casa.

19 Então alguns zifeus foram dizer a Saul, em Gibeá: "Davi está escondido em nosso território, nas fortalezas de Horesa, na colina de Haquilá, ao sul do deserto de Jesimom.

20 Ó rei, desce agora depressa, conforme desejares, e nós nos incumbiremos de entregá-lo em tuas mãos reais."

21 Então Saul os congratulou: "Sede benditos do SENHOR por terdes compaixão da minha pessoa!

22 Ide, pois, informai-vos ainda melhor, procurai conhecer por onde caminha Davi, com quem anda e quais pessoas já o observaram ali. Disseram-me que ele é por demais astuto.

23 Investigai sobre os lugares onde costuma se esconder e, quando tiverdes bem informados e seguros, vinde ver-me. Então,

15Kwathi uDavide eseHoreshe kuloo ntlango iyiZifi weva ukuba uSawule uphumele ukumbulala.

16Kwafika uJonatan apho, eze kumkhuthaza ngaye uThixo.

17Wathi kuDavide uJonatan: "Musa ukoyika, Davide; ubawo uSawule akasoze abe nako ukusa isandla kuwe. Nguwe oza kuba ngukumkani kwaSirayeli; mna ndiza kuba sisandla sakho. Úyayazi naye loo nto ubawo uSawule."

18Baphinda banqophisana phambi koNdikhoyo. Emva koko wagoduka uJonatan, uDavide yena wasala apho eHoreshe.

19Kwesuka amaZifi, aya eGibheya, eye kuxelela uSawule esithi: "Nanko uDavide ezímele kwelakowethu kwinduli iHakila eyenye yeendawo ezinqabileyo ezikummandla waseHoreshe ezantsi kweYeshimoni.

20Ke ngoko, mhlekazi, nanini wakuthanda, yiza – siya kumnikela ezandleni zikakumkani."

21Wathi kuwo uSawule: "Nindincedile; ubenga uNdikhoyo anganithamsanqela ngenxa yokundikhathalela kwenu.

22Godukani ke, niphinde nikhangelise kakuhle apho akhoyo, nimazi naloo mntu umbonileyo. Kuthiwa uDavide ulumkile.

23Ziqapheleni kakuhle iindawo ahlala kuzo, nibuye nindazise ke. Emva koko ke ndiya kuhamba kunye nani. Ukuba uselapho

irei convosco e, se ele ainda estiver na região, eu o agarrarei ainda que tenha de procurar em todos os clãs de Judá!”

24 E aqueles homens se levantaram e voltaram para Zife, antes que Saul partisse. Davi e seus soldados, entretanto, estavam no deserto de Maom, na Arabá, uma campina ao sul do deserto de Jesimom.

25 Assim que Saul ficou sabendo disso, partiu com seus soldados na busca de Davi. Porém, Davi havia sido avisado e refugiou-se nas rochas do deserto de Maom e ali permaneceu por um tempo. Ao ser informado do deslocamento de Davi, partiu novamente Saul no encalço de Davi.

26 Saul marchava por um lado da montanha, e, pelo outro lado, Davi e seus soldados fugiam em disparada a fim de escapar de Saul. Quando Saul e suas tropas estavam cercando Davi e seus homens para capturá-los,

27 um mensageiro veio comunicar a Saul: “Vem depressa! Os filisteus estão atacando Israel!”

28 Então Saul imediatamente suspendeu sua perseguição a Davi e partiu para enfrentar os filisteus. Por esse motivo denominam essa região Sêla Hamahlecot, Rocha da Separação.

29 E Davi partiu daquela região e foi viver nas fortalezas de En-Guêdi, fontes de Gedi.

1 Samuel 24

Davi corta a orla do manto de Saul

ndiya kumkhangela kulo lonke, ndimfune ndide ndimfumane, nokuba kungade kufuneke ndityhutyha-tyhutyhe onke amawaka akwaJuda.”

24Basuka ke abo bantu, bamandulela uSawule ukuya eZifi. Ngoku uDavide namadoda akhe babekwintili ekwintlango iMawoni, kumazantsi elakwaJuda, ezantsi kweYeshimoni.

25USawule wanduluka ukuya kufuna uDavide. Kodwa yena uDavide wayixelelwa loo nto, wemka waya kuhlala kwingxondorha yenduli eyayikuloo ntlango iMawoni. Uthe akuyiva loo nto uSawule, waya kwintlango iMawoni, esekhondweni likaDavide.

26USawule nomkhosi wakhe noDavide namadoda akhe bohlulwa yiloo nduli, omnye ekwelinye icala, omnye ekwelinye, ooDavide bezama ukubaleka umkhosi kaSawule owawuselubarhangqile ukubabamba.

27Kanye ngelo thuba kwafika isigidimi kuSawule, size nodaba oluthi: “Khawuleza uze, kuba amaFilistiya ayaliphanga ilizwe lakowethu.”

28Wajika kwangoko uSawule, waya kuqubisana namaFilistiya. Loo nduli yathiywa igama elithi yiSela-hamalekoti.

29Wemka apho uDavide, waya ezindaweni ezinqabileyo zase-Engedi, wafika wazímela apho.

1 Kasamweli 24

UDavide wala ukubulala uSawule

[1] Quando Saul retornou da batalha contra os filisteus, foi informado que Davi se encontrava no deserto de En-Gedi.

[2] Então Saul separou três mil homens, escolhidos entre todo o Israel, e saiu à procura de Davi e de seus homens, a leste dos penhascos das cabras monteses.

[3] No caminho Saul parou nos currais de ovelhas, onde próximo havia uma caverna, e entrou ali a fim de aliviar o ventre. Entretanto, Davi e os seus soldados estavam escondidos bem no fundo da caverna.

[4] Então os soldados de Davi lhe sussurraram: "Hoje é o dia sobre o qual o SENHOR te prometeu: 'Entregarei o teu inimigo nas tuas mãos; tu lhe farás como bem te parecer!' Então Davi se levantou e, sem silêncio, cortou a ponta do manto de Saul.

[5] Mas depois Davi ficou com remorso por ter cortado a ponta do manto de Saul.

[6] E declarou aos que o seguiam: "Que Yahweh me livre de proceder com vingança contra o meu senhor, de levantar a mão contra ele; afinal, ele é o rei, ungido pelo SENHOR!"

[7] Com essas palavras, Davi conteve a sanha dos seus homens e impediu que se lançassem sobre Saul. E este saiu em paz daquela caverna e seguiu seu caminho.

[8] Em seguida, Davi também se levantou e, deixando a caverna, bradou às costas de

[1]Ukubuya kwakhe uSawule emfazweni, evela kulwa namaFilistiya, waxelelwa ukuba uDavide wayekwintlango yase-Engedi.

[2]USawule wathatha amawaka amathathu amadoda akhethiweyo kwaSirayeli, wangena ekhondweni, esiya kukhangela uDavide ngakwicala langasempumalanga laMaweempunzi.

[3]Endleleni apho uSawule wafika kwindawo eneentango zeegusha. Apho bekukho umqolomba, waza uSawule wangena kuwo, efuna ukuya kuzithuma. Yayinguloo mqolomba kanye wayezímele kuwo uDavide namadoda akhe, besengontsini phakathi kanye.

[4]Athi amadoda akhe akuyibona loo nto: "Nali ithuba lakho! Akazanga atsho uNdikhoyo ukuthi wolunikela kuwe utshaba lwakho, wenze nantoni na ofuna ukuyenza ngalo?" Wachwechwa ke uDavide, wafika wasika isondo lesambatho sikaSawule, phofu uSawule engakuqondi okuqhubekayo.

[5]Loo nto wayenza kuSawule yamdla kakhulu uDavide.

[6]Wathi kumadoda akhe: "Makandithintele uNdikhoyo ekwenzeni into enje kwinkosi yam umthanjiswa kaNdikhoyo, nditsho le yokuba ndise isandla sam kuye, kuba kaloku ungumthanjiswa kaNdikhoyo!"

[7]Wawakhalimela ngaloo mazwi uDavide amadoda akhe, wawanqanda ukuze angamhlaseli uSawule. Wesuka kuloo ndawo uSawule, wangena endleleni.

[8]UDavide waphuma emqolombeni, wamlandela ekhwaza esithi: "Wa, mhlekazi,

Saul: “Senhor meu rei!” Saul olhou rapidamente para trás e Davi se inclinou com o rosto em terra em sinal de plena reverência.

9 Então Davi indagou a Saul: “Por que das atenção aos homens que te alegam: ‘Davi quer fazer-te mal’?

10 Os teus olhos acabam de comprovar que o SENHOR hoje te entregou nas minhas mãos nesta caverna; e alguns rogaram que eu aproveitasse a oportunidade e te matasse naquele momento, contudo a minha mão te poupou; pois eu declarei: ‘Não estenderei a mão contra o meu senhor, porque é o rei ungido do SENHOR.

11 Ó meu pai! Vê aqui na minha mão um pedaço da orla do teu manto. Se cortei a orla do teu manto e não te matei, reconhece que não há maldade nem crime em mim! Não pequei contra ti jamais, enquanto tu andas no meu encalço com o firme propósito de tirar a minha vida.

12 Yahweh, pois, seja juiz entre mim e ti, que o SENHOR me vingue de ti, mas a minha mão não se estenderá contra ti!

13 Com diz o velho provérbio popular: ‘Dos maldosos sempre procedem atitudes ímpias!’ Por esse motivo a minha mão não te tocará para ferir-te.

14 Contra quem saiu o rei de Israel e seu exército? A quem está perseguindo tenazmente? A um cachorro morto? A uma pulga?

15 Que Yahweh seja o juiz supremo, e julgue entre mim e ti, que examine e defenda a

nkosi yam!” Wajika wakhangela ngasemva uSawule. Wawa ngobuso emhlabeni uDavide ekhahlela.

9Waqhuba wenjenje: “Mhlekazi, kungani na ukuba uhambisane nolwimi oluthi mna ndizungula ukukwenzakalisa?

10Wena akuyiboni into yokuba khona ngoku uNdikhoyo ebekunikele esandleni sam phaya kulaa mqolomba? Bekusithiwa mandikucim' igama, kodwa ndaba nenceba, ndala konke mna ukukubulala, kuba kaloku wena ungukumkani, umthanjiswa kaNdikhoyo.

11Bawo, khangela, nali isondo lesambatho sakho esandleni sam! Ngendikucim' igama, koko ndisuke nje ndasika le ndawo engubeni yakho. Yazi ke ngoku uqonde ukuba mna andikhange ndafuna kukuvukela okanye kukwenzakalisa. Nguwe ozingela mna, ufuna ukundibulala, naxa ndingakwenzanga nto imbi.

12Wanga ke uNdikhoyo angahlula phakathi kwam nawe. Ubenga angandiphindezela ngenxa yobubi ondenzele bona. Mna andingekhe ndikuse sandla.

13Kaloku sitsho njalo isaci samandulo ukuthi: ‘Inkohlakalo iphuma kwabakhohlakeleyo.’ Ke mna andiyi kukusa sandla konke.

14Ngaba úyayiqonda yona le nto ayileqayo ukumkani wamaSirayeli? Yintoni le ayisukelayo? Ngaba usukela inja efileyo okanye intakumba enye?

15Hayi, makahlule uNdikhoyo, kucace ukuba ngubani owonileyo phakathi kwam

minha causa e me faça justiça livrando-me da tua mão!”

[16] Terminando Davi de falar a Saul, este lhe respondeu: “É mesmo a tua voz, meu filho Davi?”, e Saul começou a clamar e a chorar.

[17] Depois ele confessou a Davi: “Tu és, de fato, mais justo do que eu, porque me tens feito bem, e eu tenho-te constantemente lhe retribuído mal.

[18] Hoje, tu me fizeste ver com clareza a tua generosa bondade, pois Yahweh me entregou totalmente em tuas mãos e preferiste não me matar.

[19] Quando um homem encontra o seu inimigo, porventura deixa-o seguir tranquilamente o seu caminho? Que o SENHOR te recompense por todo o bem que hoje me fizeste.

[20] Agora, pois, sei com clareza e sem a menor dúvida que reinarás e que o reino de Israel será firme na tua mão.

[21] Jura-me, pois, por Yahweh, que não exterminarás a minha posteridade e não farás desaparecer o meu nome e o da minha família!”

[22] Então Davi fez o juramento a Saul. E Saul voltou para a sua casa; mas Davi e os soldados que o seguiam foram para a fortaleza onde estavam refugiados.

1 Samuel 25

A morte de Samuel e a retirada de Davi para o deserto de Parã

[1] Samuel faleceu, e houve uma consternação geral entre todo o povo de Israel que se juntou para lamentar e

nawe. Makayigqale imeko yam, andigwebele, ancede andihlangule kuwe!”

[16]Uthe akupheza ukuthetha uDavide, wavakala uSawule esithi: “Davide, mfo wam, ngaba lilizwi lakho na elo?” Watsho elila.

[17]Waqhuba wathi kuDavide: “Unyanisile, ndim lo wonileyo, kuba ubusoloko usenza ubuhle kum, kanti mna bendikuphatha kakubi!

[18]Ukubonakalalisile ukulunga kwakho kum namhlanje, kuba akundibulalanga uNdikhoyo selendinikele esandleni sakho!

[19]Yakha yabonwa phi into yokuba athi umntu, selelubambile utshaba lwakhe, abuye aluyeke angalwenzakalisi? Ubenga uNdikhoyo angakuthamsanqela ngale nto ilungileyo undenzele yona namhlanje.

[20]Ngoku ndiyazi ukuba iza kuba nguwe ukumkani wakwaSirayeli, nokuba ulawulo lwakwaSirayeli luya kuzinziswa ezandleni zakho.

[21]Kodwa ke funga uNdikhoyo ukuba akuyi kuyitshabalalisa inzala yam, ukuze igama lam lingabhangi endlwini kabawo.”

[22]Wafunga ke uDavide. Emva koko uSawule wabuyela komkhulu, waza yena uDavide namadoda akhe babuyela endaweni yabo enqatyisiweyo.

1 Kasamweli 25

Ukufa kukaSamweli

[1]Wathi akubhubha uSamweli aqokelelana onke amaSirayeli, aza amzilela. Wangcwatyelwa kowabo eRama uSamweli.

prantear sua morte. Eles os sepultaram na cidade onde tinha vivido, em Ramá. Depois disso, Davi partiu e foi para o deserto de Parã.

2 Havia um homem em Maom que era proprietário de terras no Carmelo. Este fazendeiro era muito rico, pois tinha três mil ovelhas e mil cabras; e estava tosquiando suas ovelhas no Carmelo.

3 Este homem se chamava Nabal, o nome de sua esposa era Abigail. A mulher era inteligente e muito agradável aos olhos, no entanto, seu marido, pertencente à família de Calebe, era grosseiro e mau.

4 Davi estava no deserto quando ficou sabendo que Nabal tosquiava suas ovelhas,

5 e, por isso, chamou dez jovens e os enviou, dizendo: "Subi ao Carmelo, ide a Nabal e o cumprimentai em meu nome!

6 E assim lhe comunicareis minha mensagem: 'Paz seja contigo e com a tua família, e com tudo o que possuis.

7 Fiquei sabendo que tens tosquiadores. Os teus pastores estiveram conosco; nada lhes fizemos de mal, pelo contrário, não deixamos que nadas lhes faltasse em todo o tempo que estiveram no Carmelo.

8 Indaga os teu servos e eles confirmarão o que digo. Portanto, possam de igual modo os meus moços encontrar acolhimento por tua parte, porque viemos em dia festivo. Rogo-te, pois, que ofereças o que puderes aos teus servos e a teu filho Davi."

9 Os servos de Davi partiram, chegaram à presença de Nabal e transmitiram todas as palavras em nome de Davi, e aguardaram uma resposta.

UDavide noAbhigeli

Emva koko uDavide wemka waya kuhlala kwintlango iParan.

2Ke kaloku eMawon bekukho indoda eyayifuya eKarmele. Le ndoda ibimi kakuhle, inewaka leebhokhwe namawaka amathathu eegusha eyayizicheba eKarmele.

3Igama laloo ndoda lalinguNabhali, lona elomkayo linguAbhigeli. Umfazi lowo wayehlakaniphile eyinzwakazi. Indoda yayingqwabalala, ingenambeko, yona ingumKalebhi.

4Esentlango apho uDavide weva ukuba uNabhali ucheba iigusha.

5Wathumela ishumi lamadodana eKarmele ukuba aye kumbuza impilo uNabhali.

6Wathi ze bambulisele, badlulise iminqweno emihle nakwintsapho yakhe nako konke okwakhe, baze bathi:

7"Inkosi yethu uDavide ithi: 'Ndivile ukuba kuyachetywa kwakho. Ke abelusi bakho babekunye nathi, saza sabaphatha kakuhle, baza abalahlekelwa nto lonke elo xesha babekunye nathi eKarmele.

8Nabo bangayingqina loo nto. Ke ngoku, njengokuba la madodana ndiwathumele kuwe ngomhla wetheko, nceda uwanike nokuba yintoni na, eze nayo apha kum, mna nyana wakho.' "

9Loo madoda awusa kuNabhali loo mlomo kaDavide, aza alinda impendulo.

Nabal recusa dar víveres aos servos de Davi

10 Então Nabal retrucou aos mensageiros de Davi: "Quem é Davi? Quem é o filho de Jessé? Hoje em dia, há muitos servos que fogem do seu senhor.

10Wavakala uNabhali esithi: "Loo Davide nithetha ngaye ngubani; engubani loo nyana kaJese? Ngathi kuthe saa elizweni zizicaka ezisabayo kwiinkosi zazo ndibonanje.

11 Tomaria eu o meu pão, a minha água e a carne do animal que abati para meus tosquiadores, e daria todo esse mantimento a homens que não sei de onde vêm?"

11Ndingathini ukuthatha ukutya kwam, nesiselo sam, nenyama endiyixhelele abachebi bam, ndiphise ngayo kumadoda angoovuk' engceni."

12 Então os servos de Davi voltaram e comunicaram-lhe todas estas palavras.

12Abuyela kwakuDavide loo madodana, afika amxelela konke okuthethwe nguNabhali.

13 Diante disso, Davi ordenou aos seus homens: "Cada um prepare sua espada e a coloque no cinto!" Rapidamente cada homem cingiu a sua espada, Davi cingiu também a sua, e cerca de quatrocentos homens partiram com Davi, enquanto duzentos ficaram cuidando da bagagem.

13UDavide wathi kumadoda akhe: "Xwayani nonke amakrele enu!" Bonke bawaxwaya, waza naye wenjenjalo. Wahamba namakhulu amane amadoda, kwasala amakhulu amabini elinde impahla.

14 Ora, Abigail, a esposa de Nabal, tinha sido avisada por um dos seus servos que lhe disse: "Davi mandou do deserto mensageiros para saudar o nosso senhor, porém ele os tratou com rudeza e os expulsou.

14Kwesuka esinye kwizicaka zakwaNabhali, saya kuhlebela umkakhe uAbhigeli, safika sathi: "Nkosikazi, uvile na? UDavide ubethumele izigidimi zivela entlango ukuba zizise imibuliso kumhlekazi, wasuka yena wazinukuneza.

15 No entanto, os homens de Davi foram sempre cordiais para conosco, jamais nos molestaram e, durante todo o tempo em que estivemos hospedados com eles, quando estávamos no deserto, de nada sentimos falta.

15Kanti ke la madoda ayesiphethe kakuhle. Akazanga asihlupha nganto, saye singazange sibe nanto ilahlekayo ngalo lonke elo xesha sasisendle kunye nawo.

16 Noite e dia, eles foram como um muro protetor ao nosso redor, enquanto estivemos com eles apascentando o nosso rebanho.

16Asoloko esikhusela ubusuku nemini ngokuya sasisalusa impahla endle.

17 Agora, portanto, considera o que podes fazer, porque a destruição do nosso senhor

3 Indagou-lhe Davi: “Donde vens?” E o homem respondeu: “Escapei com vida do acampamento de Israel!”

4 Diante do que Davi inquiriu: “Que aconteceu? Dize logo!” E o fugitivo respondeu prontamente: “As tropas bateram em retirada do campo de batalha, e muitos tombaram mortos. O próprio Saul e seu filho Jônatas também morreram!”

5 Então questionou Davi à pessoa que lhe trazia essas notícias: “Como sabes que Saul e seu filho Jônatas pereceram?”

6 E o jovem lhe explicou: “Eu estava casualmente no monte de Gilboa, e de repente encontrei o Saul cambaleando, apoiado sobre sua própria lança. Os carros de guerra e os oficiais da cavalaria inimiga estavam a ponto de alcançá-lo.

7 Assim que ele se virou e me viu, chamou-se em alta voz, e eu prontamente respondi: ‘Eis-me aqui senhor!’

8 Então indagou-me: ‘Quem és tu?’ E eu disse: ‘Sou amalequita!’

2 Kasamweli 1

UDavide uxelelwa ngokufa kukaSawule

1Akuba uSawule efile, uDavide wabuyela eZikelage emva kokoyisa kwakhe ama-Amaleki, wachitha khona iintsuku zambini.

2Ngolwesithathu usuku kwafika mfo uthile, evela kwikampu yomkhosi kaSawule. Wayambethe iingubo ezikrazukileyo, ezigalele umhlaba entloko. Wathi akufika kuDavide, wawa phantsi ekhahlela.

3UDavide wathi kuye: “Uvela phi?” Uphendule ngelithi: “Ndibaleke ekampini yamaSirayeli.”

4UDavide wathi: “Kwenzeke ntoni? Khawundixelele.” “Umkhosi wethu usuke wabaleka,” utshilo ukuphendula, “yaye maninzi amadoda awileyo edabini. Nditsho nkqu uSawule noJonatan unyana wakhe nabo itshoba lilele umbethe.”

5Wathi uDavide kuloo mfana wayemzisela ezi ndaba: “Wazi ngantoni ukuba uSawule nonyana wakhe uJonatan bafile?”

6Umfana lowo waphendula wathi: “Kwathi ndilapho entabeni iGilibhowa ndabona ukuba uSawule wayexhathise ngomkhonto, seleza kufunyanwa ziinqwelo nabakhweli-mahashe abamsukelayo.

7Wathi akukhangela ngasemva wandibona, wandibiza, nam ke ndasabela ndathi: ‘Ndikwenzele ntoni?’

8Wathi kum: ‘Ungubani?’ Ndathi kuye: ‘NdingumAmaleki.’

[9] Em seguida ordenou-me: “Aproxima-te e mata-me porque estou sob as cãibras e a angústia da morte, contudo ainda estou vivo!’

[10] Por esse motivo me dirigi até ele e o matei, porquanto havia constatado que ele não sobreviveria ao ferimento. Depois tomei seu diadema, a coroa que trazia sobre a cabeça e seu bracelete real e os trouxe a ti, meu senhor!”

[11] Então Davi naquele mesmo instante, rasgou as suas vestes; e os homens que estavam com ele fizeram o mesmo.

[12] E lamentaram grandemente, pranteando e jejuando até o fim da tarde, por Saul e por seu filho Jônatas, pelo exército do SENHOR e pelo povo de Israel, porque muitos haviam tombado ao fio da espada do inimigo.

[13] Depois Davi perguntou mais ao jovem que lhe trouxera aquelas notícias: “Donde és tu?” Ele respondeu: “Eu sou filho de um estrangeiro residente, de um amalequita.”

[14] Indagou-lhe ainda Davi: “Como não receaste levantar a tua mão contra o ungido de Yahweh para tirar-lhe a vida?”

[15] Então Davi chamou um de seus jovens serviçais e ordenou: “Aproxima-te e mata-o!” O moço golpeou o amalequita e ele morreu.

[16] Declarou-lhe Davi: “Que teu sangue caia sobre a tua cabeça, porque a tua boca testemunhou contra ti quando confessaste: ‘fui eu mesmo quem matou o ungido de Yahweh!’

O pranto de Davi por Saul e Jônatas

[9]Uthe kum ke: ‘Sondela undigqibezele. Ubomi bam sebungamacimi-cimi, kodwa andikaphelelwa.’

[10]Ndaya ke, ndafika ndamgwaza, kuba ndandiqonda mhlophe ukuba akasokube angafi, ukuba ukhe wawa nje. Emva koko ndamothula esi sithsaba awayesithwele, ndamkhulula nesi sacholo engalweni. Nazi ke, mhlekazi; ndizizisile kuwe!”

[11]Wazikrazula izambatho zakhe uDavide, enjenjalo nawo onke amadoda awayekunye naye.

[12]Bazila, balila, abatya nokutya oku kwada kwahlwa, belilela uSawule nonyana wakhe uJonatan kunye namaSirayeli, abantu bakaNdikhoyo, ababewe ngekrele.

[13]Emva koko uDavide wabuza loo mfana wayeze nezi ndaba, wathi: “Uvela phi kakade wena, mfana?” “Mna ndingunyana wendoda engumngeneleli, umAmaleki,” uphendule watsho loo mfana.

[14]UDavide ke wathi: “Ngani ungoyiki ukuphakamisa isandla sakho ubulale umthanjiswa kaNdikhoyo?”

[15]Waza uDavide wabhekisa kwenye yamadodana akhe, wathi: “Bulala le nto!” Loo ndodana ke imgwaze kwangoko umfana lowo, yaphel' intw' ibithethwa.

[16]Wavakala uDavide esithi: “Igazi lakho malibe phezu kwentloko yakho. Urhintyelwe kwangulo mlomo wakho xa ubungqina usithi: ‘Ndimbulele umthanjiswa kaNdikhoyo.’ ”

Isililo sikaDavide

[17] Davi demonstrou seu pesar pela morte de Saul e seu filho Jônatas, entoando esta lamentação,

[18] e ordenando que se ensinasse aos homens de Judá; é o Hino do Arco, que foi registrado no Livro de Yashar, Justos:

[19] “O teu esplendor, ó Israel, desvaneceu e morreu sobre os teus montes! Como tombaram os nossos soldados mais valentes?

[20] Não divulgueis isso em Gate, não o anuncieis nas ruas de Ascalom, a fim de que não se regozijem as filhas dos filisteus nem se alegrem as filhas dos incircuncisos.

[21] Ó colinas de Gilboa, nunca mais haja orvalho nem chuva sobre vós, nem campos férteis que produzam trigo para as ofertas. Porquanto ali foi profanado o escudo dos guerreiros, o escudo de Saul, que jamais será polido com óleo.

[22] O arco de Jônatas era mortal e nunca recuou do sangue dos feridos e da gordura dos poderoso, a espada de Saul jamais voltou vazia.

[23] Saul e Jônatas, amados e excelentes, na vida e na morte não se separaram. Mais do que as águias eram velozes, mais do que os leões eram fortes.

[24] Filhas de Israel, chorai sobre Saul, que vos vestiu de escarlate e de linho fino, que adornou com ouro os vossos vestidos.

[17]Emva koko uDavide wavuma le ngoma, elilela uSawule nonyana wakhe uJonatan.

[18]Wathi kufuneka bayifundiswe bonke abemi bakwaJuda, ibe yingoma yesaphetha. (Ibhalwe kwiNcwadi kaYashare.) Ithi loo ngoma:

[19]“Awu! Itshoba lilel' umbethe kwiimbalasane zakwaSirayeli! Awil' amagorha akuthi phaya endulini!

[20]“Ze ningayithethi le ntlekele eGati, ningayidizi nasezitalatweni zaseAshkelon; hleze sihlekwe ziintombi zamaFilistiya; hleze zivuye iintombi zeentlanga ezingalukiyo.

[21]“Hoyina, zintaba zaseGilibhowa! Mawunibukul' umbethe ngokunjalo nemvula, uz' umhlab' uhlal' ungumqwebedu, ungavelisi umnikelo wengqolowa. Kaloku lahlazek' apho kun' ikhaka lenqeberh' enkulu; kungokunje alisawev' amafutha ikhaka likaSawule.

[22]Kwajub' ugodo lutolo lukaJonatan, lenz' iziqweng' ikrele likaSawule, kwaw' izigantsontso luqikilek' utshaba.

[23]“Ziinzwana, ziintandane uSawule noJonatan; ngumtya nethunga behleli, befile. Asingomendu, kuncam' ixhalanga; ziingwanzilili, bodlul' iingonyama.

[24]“Gixani, zintombi zakwaSirayeli, nililel' uSawule owayenambes' ezimbeje-mbeje zon' iingubo, ehombis' izambatho zenu ngegolide.

[25] Como caíram os heróis no meio do campo de batalha? Jonatas, a tua morte sobre os montes de Israel dilacerou-me o coração!

[26] Como todo o meu ser lamenta por ti, meu irmão amado. Como te querias bem! Tua amizade era, para mim, mais preciosa do que o amor das mulheres!

[27] Caíram, pois, os notáveis guerreiros e todas as suas armas de luta não têm mais importância!"

2 Samuel 2

Davi é aclamado rei de Judá

[1] Passados esses acontecimentos Davi consultou a Deus, o SENHOR: "Deverei subir a governar alguma das cidades de Judá?", e Yahweh lhe respondeu: "Sobe!" Então Davi indagou: "A qual subirei?", e a resposta foi: "A Hebrom!"

[2] E assim Davi subiu para Hebrom com suas duas esposas: Ainoã, de Jezreel, e Abigail, viúva de Nabal, o carmelita.

[3] Davi também levou os seus soldados com as suas famílias, e eles ficaram morando nas cidades vizinhas a Hebrom.

[4] Então os cidadãos de Judá foram a Hebrom e ali ungiram Davi rei da tribo de Judá. Informado de que os moradores de Jabes-Gileade haviam sepultado Saul,

[5] Davi enviou-lhes alguns homens com a missão de lhes entregarem a seguinte mensagem: "Benditos sejais de Yahweh, por terdes realizado esta obra de misericórdia

[25]"Awu! Ewe, awil' amagorh' amakhulu, itshoba lalal' umbeth' esedabini. Ukhahlelwe phantsi uJonatan phaya endulini.

[26]Kubuhlung' ukushiywa nguwe, Jonatan, mfo wethu! Ubuyinceke, intandane kum. Uthando lwakho kum beluncamisile; beludlul' uthando lwentombazana.

[27]"Awu! Ngenene, itshoba lilel' umbethe kumagorh' akuthi; nezo zikrweqe zemfazwe zifane zalal' umhlwa."

2 Kasamweli 2

UDavide ngukumkani wakwaJuda

[1]Emva koko uDavide wabuzisa kuNdikhoyo wathi: "Ndingaya kuhlala na kwesinye sezixeko zakwaJuda?" UNdikhoyo wathi: "Yiya." Wabuza uDavide wathi: "Mandiye phi?" Wathi uNdikhoyo: "Yiya eHebron."

[2]Wahamba ke uDavide kunye nabafazi bakhe ababini uAhinowam waseYizereli kunye noAbhigeli owayengumhlolokazi kaNabhali waseKarmele.

[3]Wahamba nawo amadoda akhe uDavide, aya kuhlala neentsapho zawo kummandla waseHebron.

[4]Afika ke amadoda akwaJuda, eze kumthambisa uDavide apho eHebron ukuba abe ngukumkani wakwaJuda. Zithe zakufika kuDavide iindaba zokuba abantu baseJabheshe eGiliyadi bamngcwabile uSawule,

[5]wathumela izigidimi kubo, wathi: "Wanga uNdikhoyo anganithamsanqela ngesenzo esihle sokubonakalisa intembeko ngokungcwaba inkosi yenu uSawule.

para com Saul vosso senhor, e lhe terdes dado uma digna sepultura!

6 Que Yahweh tenha para convosco misericórdia e bondade, e eu também vos farei bem, porque assim procedestes.

7 E agora, enchei-vos de coragem e sede valorosos, porque Saul vosso rei está morto. Quanto a mim, a casa de Judá já me sagrou seu rei."

Abner faz Isbosete rei de Israel

8 Enquanto isso, Avner ben Ner, Abner filho de Ner, comandante do exército de Saul, levou Ish-Bóshet ben Saul, Is-Bosete filho de Saul, a Mahanáim, Maanaim,

9 onde o proclamou rei de Gileade, sobre todos os asuritas, em Jezreel, Efraim, Benjamim e por toda a terra de Israel.

10 Is-Bosete, filho de Saul, tinha quarenta anos quando começou a reinar sobre Israel, e reinou dois anos. A tribo de Judá, porém, seguia a Davi.

11 Davi reinou em Hebrom, sobre a tribo de Judá, durante sete anos e seis meses.

Vitória de Davi sobre Isbosete

12 Abner, filho de Ner, e o exército de Is-Bosete, filho de Saul, partiram de Maanaim e marcharam para Gibeom.

13 Joabe, filho de Zeruia, e os soldados de Davi foram ao encontro deles no açude de Gibeom. Um grupo tomou posição num lado da represa, a outra tropa, no lado oposto.

14 Então Abner propôs a Joabe: "Deixa que venham alguns jovens e lutem diante de

6Ubenga uNdikhoyo anganiphatha ngobubele nangokunyaniseka. Nam ke ndiza kuniphatha kakuhle ngenxa yale nto niyenzileyo.

7Ze niqine, ningoyiki ngenxa yokuba inkosi yenu uSawule ingasekho. Abantu bakwaJuda bandithambisile ndaba ngukumkani wabo."

UIshbhoshete ngukumkani wakwaSirayeli

8Umphathi wemikhosi kaSawule uAbhinere, unyana kaNere, wabaleka nonyana kaSawule uIshbhoshete, waya naye eMahanayim ngaphesheya kweJordan.

9Wafika apho uAbhinere wamisela uIshbhoshete waba ngukumkani ophethe imimandla yaseGiliyadi, kwa-Ashere, eYizereli, kwaEfrayim, nakwaBhenjamin, nditsho elakwaSirayeli liphela.

10Waba ngukumkani xa emashumi mane ubudala uIshbhoshete unyana kaSawule, walawula iminyaka yamibini. Isizwe sakwaJuda sona sasiphantsi kukaDavide.

11Wasilawula ehlala eHebron iminyaka yaba sixhenxe neenyanga ezintandathu.

Idabi phakathi koSirayeli noJuda

12Kwasuka uAbhinere eMahanayim, ehamba namaphakathi kaIshbhoshete, baya kwidolophu iGibheyon.

13Ngasechibini laseGibheyon bahlangana noJowabhi, owayezalwa nguZeruya. UJowabhi wayehamba namanye amaphakathi kaDavide. Bahlala phantsi bonke, elinye iqela likweli cala lechibi, elinye likweliya.

14Wavakala uAbhinere esithi kuJowabhi: "Makhe sithelekise abafana, bakhuphisane

nós!” Joabe prontamente respondeu: “Que lutem!”

ngokulwa sibukele.” UJowabhi wathi: “Kulungile, mabenze!”

15 Vieram eles e foram contados: doze guerreiros de Benjamim, por Is-Bosete, filho de Saul, e doze da guarda de Davi.

15Kwasuka ishumi elinambini labafana limele uIshbhoshete unyana kaSawule ngakwicala lakwaBhenjamin, baqubisana neshumi elinambini labafana becala likaDavide.

16 E aconteceu que cada soldado conseguiu agarrar seu adversário pela cabeça e fincou-lhe o punhal no lado, e juntos caíram mortos. Por esse motivo aquele lugar, situado em Guivon, Gibeom, ficou conhecido como Helcat Hatsurim, Campo dos Punhais Hostis.

16Umfana ngamnye wayebamba lowo akhuphisana naye entloko, amgwaze ngekrele ephangweni. Loo nto ke yatsho bafa kunye bonke. Loo ndawo ke eGibheyon kuthiwa yiHelekati-hazurim.

17 Houve naquele dia uma terrível e sangrenta batalha; e Abner e todos os homens de Israel foram derrotados pelos soldados de Davi.

17Kwavuka idabi elibi ngaloo mini, uAbhinere neqela lakwaSirayeli boyiswa ngamadoda ecala likaDavide.

18 Estavam lá os três filhos de Zeruta: Joabe, Abisai e Asael. Ora, Asael era rápido na corrida como as gazelas selvagens.

18Babelapho oonyana abathathu bakaZeruya: uJowabhi, noAbhishayi, kunye noAsayeli. Yayingengomendu kuAsayeli, wayeyimbabala.

19 Ele se lançou em perseguição de Abner, sem se desviar das suas pegadas, nem para a direita nem para a esquerda.

19Wasuka wangqala ngqo ngoAbhinere emleqa.

20 Abner olhou para trás e indagou: “És tu, Asael?”, e ele replicou: “Sou eu!”

20Akuthi krwaqu ngasemva uAbhinere wabona uAsayeli, wathi: “Ingaba nguwe lowo, Asayeli?” “Ndim kanye,” utshilo uAsayeli.

21 Então Abner recomendou-lhe: “Vai para a direita ou para a esquerda, captura um dos meus soldados e apossa-te dos seus despojos!” Mas Asael não quis abandonar seu objetivo de persegui-lo.

21UAbhinere wathi: “Sukusukela mna, mfondini. Leqa, naliya ijoni, uthathe amaxhoba lawo liwaphetheyo.” Akayihoyanga loo nto yena uAsayeli, wasuka wee ngcembe emva koAbhinere.

22 Abner voltou a advertir Asael exclamando: “Deixa de seguir-me! Porquanto não quero ferir-te de morte.

22Uphindile uAbhinere wathi kuAsayeli: “Mfondini, ndithi ndiyeke; sukundisukela. Ufuna ndide ndikwenzakalise? Khona

Como poderia eu encarar teu irmão Joabe nos olhos de novo?”

23 Como Asael se recusasse a afastar-se, Abner lhe desferiu um golpe com sua lança que perfurou o estomago, e a ponta saiu pelas costas. Asael caiu e morreu imediatamente, ali mesmo. E todos que iam chegando ao lugar onde Asael caíra e morrera, ali se detinham.

24 Então Joabe e Abisai perseguiram Abner. Ao final do dia, chegaram à colina de Amá, que está a leste da cidade de Gia, na estrada que vai para o deserto de Gibeom.

25 Os soldados da tribo de Benjamim, seguindo Abner, se reuniram novamente formando um só grupo e ocuparam o alto de um morro.

26 Então ouviu-se Abner gritando para Joabe: “Continuarás com tua espada a derramar sangue para sempre? Não sabes que isso só levará a mais amargura? Até quando te demorarás em ordenar às tuas tropas que desistam de perseguir teus próprios irmãos?”

27 Diante do que Joabe exclamou em resposta: “Juro por Yahweh, o Nome de Deus, que, se não tivesses erguido a tua voz, o meu exército perseguiria cada um dos teus irmãos até amanhã de manhã!”

28 Em seguida Joabe mandou soar a trombeta, e todo o exército suspendeu o combate. Cessou a perseguição a Israel e terminou completamente a guerra.

29 Abner e os seus homens caminharam durante toda a noite pela Arabá, o vale do Jordão. Atravessaram o rio Jordão e, depois

ndingajongana njani nomntakwenu uJowabhi?”

23Kodwa wala uAsayeli. Usuke uAbhinere wabinza ngasemva, wamthi gobho esiswini ngomkhonto, watsho waya kugqobhozela emqolo loo mkhonto. Wajuba wawa uAsayeli, wafela kuloo ndawo. Wonke umntu osondela kuloo ndawo wayefele kuyo uAsayeli, wayefika eme nematha.

24Kwasuka uJowabhi noAbhishayi, bamsukela uAbhinere. Kuthe kwakuhlwa bafika endulini yaseAma ekhangelene neGiya kuloo ndlela ibheka kwinkangala yaseGibheyon.

25Amadoda akwaBhenjamin ahlanganisana, azibandakanya noAbhinere, ema ndawonye phezu kwenduli.

26UAbhinere wamemeza wathi kuJowabhi: “Mfondini, liya kudla kude kube nini na ikrele? Akuqondi na wena ukuba le nto iza kugqibela sekukho intiyo phakathi kwethu, ukanti ningabantakwethu? Nakuyeka nini kodwa ukusukelana nathi?”

27Uphendule ngelithi uJowabhi: “Ekho nje uThixo, inene, ukuba ubungathethanga besiza kunileqa kude kuse.”

28Wavuthela isigodlo sakhe emva koko uJowabhi, exelela amadoda akhe ukuba ayeke ukuwasukela amaSirayeli. Waphela ke njalo umlo.

29UAbhinere namadoda akhe bahamba ubusuku bonke, betyhutyha loo ntili yaseJordan. Bayiwela ngengomso iJordan,

de marcharem toda a manhã do dia seguinte, chegaram à cidade de Maanaim.

30 Assim que Joabe cessou sua perseguição, reuniu toda a sua milícia e verificou que estavam faltando dezenove guerreiros, além de Asael.

31 Porém a guarda de Davi haviam matado trezentos e sessenta soldados de Abner, todos eles pertencentes à tribo de Benjamim.

32 Levaram o corpo de Asael e o sepultaram no túmulo de seu pai, em Belém. Depois disso, Joabe e seus guerreiros marcharam durante toda a noite e chegaram a Hebrom ao raiar do dia.

sebehambe intsasa yonke, baya kugaleleka eMahanayim.

30Uthe akuwaqokelela amadoda akhe uJowabhi, emva kokusukela amaSirayeli, kwafumaneka kulahleke ishumi elinethoba lamadoda ngaphandle kuka-Asayeli.

31Iqela likaDavide lona labulala amakhulu amathathu namashumi amathandathu kumadoda akwaBhenjamin awayenoAbhinere.

32UJowabhi namadoda akhe bawuthatha umzimba ka-Asayeli, baya kuwungcwabela eBhetelehem kumangcwaba akowabo. Emva koko bahamba ubusuku bonke, bada baya kutsho eHebron xa kumpondo zankomo ngengomso.

2 Samuel 3

1 Durou muito tempo o conflito entre os que apoiavam a família de Saul e os que defendiam Davi. Contudo, Davi ia ficando cada dia mais forte, e os aliados de Saul, cada vez mais fracos.

Os filhos de Davi que nasceram em Hebrom

2 Os filhos nascidos a Davi em Hebrom foram: o seu primogênito Amnom, filho de Aionã, de Jezreel;

3 o segundo, Quileabe, de Abigail, viúva de Nabal, de Carmelo; o terceiro, Absalão, de Maaca, filha de Talmai, rei de Gesur;

4 o quarto, Adonias, de Hagite; o quinto, Sefatias, de Abital;

2 Kasamweli 3

1Ke kaloku kwaba lixesha elide kukho imfazwe phakathi kwendlu kaSawule nendlu kaDavide. Lo gama iphelelwayo indlu kaSawule, ekaDavide yona yayisiya iqina ngokuqina.

Oonyana bakaDavide

2EHebron uDavide wazala oonyana. Izibulo yayinguAmnon, ezalwa nguAhinowam waseYizereli;

3kuze owesibini uKiliyabhu, ezalwa nguAbhigeli umhlolokazi owashiywa nguNabhali waseKarmele; ibe nguAbhasalom owesithathu, owayezelwe nguMahaka intombi kaTalemayi ukumkani waseGeshuri;

4kulandele owesine uAdoniya, ezalwa nguHagiti; kuze owesihlanu uShefatiya, ezalwa nguAbhitali;

[5] e o sexto, Itreão, de sua mulher Eglá. Todos esses filhos de Davi nasceram em Hebrom.

[6] Eis o que aconteceu durante a guerra entre a casa de Saul e a de Davi: Abner se arrogava todo o poder na casa de Saul.

Abner faz aliança com Davi

[7] Havia uma concubina de Saul chamada Rispa, filha de Aiá. Certa ocasião Is-Bosete indagou a Abner: "Por que deitaste com a serva de meu pai?"

[8] Ao ouvir o questionamento de Is-Bosete, Abner se encolerizou e retrucou: "Sou por acaso como um cão desprezível a serviço de Judá? Até o dia de hoje tenho sido absolutamente leal à casa de Saul, teu pai, para com seus irmãos e amigos, e não te deixei cair nas mãos de Davi, e vens agora levantando tal acusação envolvendo essa mulher!

[9] Que Deus me castigue com toda a severidade se eu não fizer por Davi o que Yahweh já prometeu a Davi em juramento:

[10] transferir a majestade do reino de Saul e dos seus descendentes para Davi, estabelecendo a realeza do trono Davi sobre todo Israel e Judá, de Dã a Berseba!"

[11] Mas Is-Bosete não respondeu uma palavra a Abner, porquanto tinha medo dele.

[12] Em seguida Abner mandou mensageiros a Davi com esta proposta: "A quem pertence

[5]kugqibele owesithandathu uItram, owazalwa nguEgla umka-Davide. Ngabo abo ke oonyana uDavide awabazala eHebron.

UAbhinere ungenelela kuDavide

[6]Ngexesha kuliwayo yile mizi mibini, okaSawule nokaDavide, kwicala likaSawule uAbhinere wayezandisela iwonga.

[7]Ke kaloku uSawule wayenenkazana enguRizpa intombi ka-Aya, kwaza ngenye imini unyana kaSawule uIshbhoshete wathi kuAbhinere: "Yini na ukuba ulale nenkazana kabawo?"

[8]Wangcangcazela ngumsindo uAbhinere ngenxa yala mazwi kaIshbhoshete, waza wathi: "Hi, mfondini, undenza inja kwaJuda! Uthi ingandim ojikela uSawule ngasemva? Unanamhla oku umzi kaSawule, uyihlo, ndisathembekile kuwo, kubantakwabo, nakumahlakani akhe; andikawungcatshi kuDavide, kodwa naku wena namhla undityhola ngomntu obhinqileyo!

[9]Inene, makandohlwaye uThixo, nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba andimncedisi uDavide ekuzuzeni izinto ezathenjiswa nguNdikhoyo kuye!

[10]Ndiza kumncedisa ukuhlutha ulawulo kwindlu kaSawule, kungene uDavide esihlalweni, alawule kwaSirayeli nakwaJuda, ukususela kwaDan kuse eBheshebha."

[11]Akabuyanga awuvule owakhe umlomo uIshbhoshete, kuba wayemoyika uAbhinere.

[12]UAbhinere wathumela izigidimi kuDavide ukumthethela, esithi: "Hi bethu, ngaba

esta terra? Faze, pois, um acordo comigo e eu te ajudarei a conquistar o apoio de todo o Israel!"

lelikabani na eli lizwe? Ukuba thina sithe senza imvumelwano, ndokunceda, amaSirayeli onke ndiwagayele kwicala lakho."

13 Davi respondeu: "Assim seja! Farei um pacto contigo. Entretanto, tenho uma condição: não serás admitido à minha presença, salvo se, quando vieres, me trouxeres, Mical, filha de Saul!"

13UDavide wathi: "Kulungile, kodwa ndosenza nawe isivumelwano kuphela ngaphantsi kwalo mqathango: kufuneka uze apha kum noMikali intombi kaSawule."

14 E Davi enviou mensageiros a Is-Bosete, filho de Saul, para lhe dizerem: "Entrega-me a minha mulher, Mical, a quem desposei mediante o generoso pagamento do valor estipulado de cem prepúcios de filisteus!"

14Emva koko uDavide uthumele isigidimi kuIshbhoshete unyana kaSawule, wathi: "Ndikhululele umkam endamlobola ngamajwabu amaFilistiya alikhulu. "

15 Diante dessa intimação, Is-Bosete mandou que a tirassem do seu marido Paltiel, filho de Laís.

15UIshbhoshete wathi makaye kulandwa uMikali kwaPaltiyeli unyana kaLayishe, umyeni wakhe wesibini.

16 Porém Paltiel partiu no seu encalço, e a seguiu aos prantos até Baurim. Contudo Abner ordenou-lhe que retornasse para casa, ele obedeceu e voltou.

16Suka uPaltiyeli walandela umfazi, ehamba elila njalo ukuya kutsho eBhawurim. Wathi kuye uAbhinere: "Jika! Uya phi?" Wajika wagoduka uPaltiyeli.

17 Entrementes, Abner havia conversado com os anciãos de Israel e lhes tinha dito: "Faz já muito tempo que vós desejais ter a Davi como vosso rei.

17Ke kaloku uAbhinere wabhekisa kumadoda amakhulu akwaSirayeli, wathi: "Kudala ninqwenela ukulawulwa nguDavide.

18 Proclamai-o, portanto, agora, rei entre vós, porque Yahweh declarou a respeito de Davi: 'É por intermédio do meu servo Davi que livrarei o meu povo Israel das mãos dos filisteus e de todos os seus inimigos!'

18Nali ke ngoku elo thuba. Ze nikhumbule ukuba nguNdikhoyo owathi kuDavide: 'Sisicaka sam uDavide endiya kukhulula abantu bam amaSirayeli ngaso kumaFilistiya nakuzo zonke iintshaba zabo.' "

19 Abner falou também com o povo da tribo de Benjamim e depois foi a Hebrom a fim de explicar a Davi o que os cidadãos de Benjamim e o povo de Israel tinham resolvido.

19Waya nakwaBhenjamin uAbhinere, wawubhekisa nakubo lo mlomo. Usuke apho waya kuDavide eHebron, wamchazela ngeembono zabantu bakwaBhenjamin nabakwaSirayeli.

[20] Acompanhado de vinte homens, Abner chegou a Hebrom para conversar com Davi, e Davi ofereceu uma festa para recepcionar Abner e à sua comitiva.

[21] Então Abner declarou a Davi: “Permita que eu me vá e reúna todo o Israel, meu senhor, para que celebrem um pacto contigo, ó rei, e reines sobre tudo o que desejares!” Então Davi o despediu em paz, e ele partiu tranquilo.

Joabe mata Abner à traição

[22] Pouco tempo mais tarde, Joabe e os demais oficiais de Davi retornaram de um ataque rápido que haviam realizado, trazendo consigo grande despojo. Todavia Abner não estava mais com Davi em Hebrom porquanto este já o havia deixado ir embora em paz.

[23] Assim que Joabe chegou com todo o seu exército, contaram-lhe que Abner, filho de Ner, visitara o rei e que este o havia deixado seguir seu caminho tranquilamente.

[24] Então Joabe foi falar com o rei e lhe questionou: “Que fizeste? Abner esteve contigo e permitiste que ele partisse em paz?

[25] Tu conheces bem a pessoa de Abner, filho de Ner; ele veio para te enganar, conhecer as tuas ideias, teus procedimentos; veio a fim de saber tudo o que fazes e como ages!”

[26] Então, saindo da presença de Davi, Joabe mandou mensageiros atrás de Abner, e eles o trouxeram de volta, desde o poço de Sira. Todavia, sem que Davi fosse informado dessa atitude.

[20]Kwathi akuya eHebron uAbhinere, ehamba namashumi amabini amadoda, beye kuDavide, bafika behlinzekelwe.

[21]UAbhinere wathi kuDavide: “Sendikulungele ukuwagayela ngakwicala lakho onke amaSirayeli, mhlekazi, khon' ukuze uvumelane nawo, ube ngukumkani wawo, ulawule phezu kwako konke obe ukade ukunqwenela.” UDavide ke wamndulula uAbhinere, wahamba ngoxolo.

Ukugwintwa kuka-Abhinere

[22]Emva koko kwafika amadoda kaDavide, ehamba noJowabhi, evela kunqoloba, eze namaxhoba amaninzi. Wayeselemkile eHebron uAbhinere emva kokundululwa kwakhe ngoxolo nguDavide.

[23]Akufika uJowabhi, kunye nomkhosi awayehamba nawo, waxelelwa kwathiwa: “UAbhinere ebeze kubona ukumkani, yaye ukumkani umndulule ngoxolo.”

[24]UJowabhi wasuka waya kukumkani, wafika wathi: “Yintoni le uyenzileyo? Uyabona, uAbhinere ebeze kuwe! Kutheni le nto umyekileyo ahambe? Ngoku umkile!

[25]Wazi kakuhle ukuba uAbhinere into kaNere ebeze kukukhohlisa; ubeze kugqala le nto uqamele ngayo nayo yonke enye into oyenzayo.”

[26]Uthe uJowabhi ukusuka kwakhe kuDavide wathuma amadoda, esithi makaye kulanda uAbhinere. Amlanda ke kwelaa qula laseSira. Wayengazi nto kambe uDavide ngalo mbandela.

[27] Quando Abner voltou a Hebrom, Joabe o chamou à parte, na porta de entrada, a fim de lhe falar em segredo; e ali mesmo o feriu de morte no estômago, e ele morreu por causa do sangue de Asael, irmão de Joabe.

[27]Ukufika kwakhe eHebron uAbhinere, uJowabhi wambizela bucala ngasesangweni, ngokungathi uza kuthetha naye ngasese. Bathe beselapho suka uJowabhi wamhlaba uAbhinere esiswini, wafa. Waba ke njalo uJowabhi uyaliphindezela igazi lomntakwabo uAsayeli owabulawa nguAbhinere.

[28] Assim que Davi ficou sabendo do ocorrido, exclamou: “Eu e o meu reino somos para sempre, diante de Yahweh, inocentes do sangue de Abner, filho de Ner:

[28]Luthe lakufika ezindlebeni zikaDavide udaba lokugwintwa kuka-Abhinere, wavakala esithi: “Mna kunye nabantu abaphantsi kwam simsulwa kubugebenga obenziwe kuAbhinere unyana kaNere, nkqu uNdikhoyo uyayazi loo nto.

[29] que a culpa pelo sangue de Abner caia sobre a cabeça de Joabe e sobre toda a sua família! Que jamais deixe de haver na casa de Joabe quem sofra de corrimento, cânceres ou lepra; homens com graves deficiências físicas ou que caiam à espada, ou ainda, que passem fome!”

[29]Isiqalekiso sale ntlekele masihlele uJowabhi nomzi wakowabo. Makusoloko kukho umntu onegcushuwa, iqhenqa, osimelela ngenduku, okanye owa edabini, nesilambi.”

[30] Joabe e seu irmão Abisai assassinaram Abner porque ele tinha matado o irmão deles, Asael, na batalha de Gibeom.

[30]Kwaba njalo ke ukuphindezela ukufa kuka-Asayeli edabini laseGibheyon. Kwaphindezelwa nguJowabhi kunye nomntakwabo uAbhishayi.

Davi lamenta a morte de Abner

[31] Então Davi determinou que Joabe e os seus soldados pranteassem por Abner e que, em sinal de lamentação, rasgassem as suas roupas e vestissem trajes de luto. E no sepultamente o próprio rei Davi ia caminhando atrás do caixão.

[32] Sepultaram Abner em Hebrom; e o rei chorou em voz alta junto da sepultura de Abner, e todo o povo o acompanhou em seu pranto.

Ukungcwatywa kuka-Abhinere

[31]Emva koko uDavide wathi kuJowabhi kwakunye nabantu bonke ababenaye: “Zikrazuleni izambatho zenu, ninxibe amarhonya, nimzilele uAbhinere.” Kumngcelele womngcwabo ukumkani uDavide ngenkqu wayelandela idlaka.

[32]Wangcwatyelwa eHebron uAbhinere. Ukumkani walila ezimathontsi apho engcwabeni lika-Abhinere, batsho bonke abantu balila nabo.

[33] Então o rei compôs e declamou esse lamento por Abner: "Precisava Abner falecer como morre um insensato?
[34] Não estavam amarradas as tuas mãos, os teus pés não estavam presos em grilhões, mas tombaste como caem os malfeitores!" Então todo o povo chorou ainda mais por ele.

[35] Todo o povo veio chamar Davi para que se alimentasse enquanto ainda era dia; contudo, Davi jurou: "Que Deus me castigue com toda a severidade, caso eu prove pão ou tome qualquer outro alimento antes do pôr-do-sol!"

[36] Todo o povo ouviu essa declaração e apoiou a decisão de Davi, tudo o que o rei fazia o povo aprovava.
[37] Assim, naquele mesmo dia, todo o povo e todo o Israel reconheceram que o rei não tivera qualquer participação no assassinato de Abner, filho de Ner.

[38] Então explicou o rei com seus oficiais: "Não compreendeis que hoje caiu em Israel um príncipe, um grande homem?

[39] Mesmo sendo rei ungido, hoje me sinto um monarca enfraquecido, e esses filhos de Zeruia estão mais fortes do que eu. Que Yahweh retribua ao malfeitor de acordo com as suas más atitudes!"

2 Samuel 4

Dois servos de Isbosete o matam e trazem a cabeça a Davi

[33]Kuloo mngcwabo ka-Abhinere ukumkani uDavide wavuma ingoma yesililo ethi: "Yini na ukuwa njengesidenge, Abhinere?
[34]Izandla zakho bezingabotshwanga; iinyawo zakho bezingaqanyangelwanga. Kum ingathi uwiswe bubugwinta bamatshijolo." Baqala emva ukugixa abantu.
[35]Bonke abantu babemcenga yonke loo mini uDavide, ukuba kubekho into ayityayo, kodwa uDavide wafunga esithi: "Makandohlwaye uThixo, nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba ndithe, lingekatshoni ilanga, ndangcamla isonka nokuba yiyiphi na enye into etyiwayo."
[36]Abantu baba nomgqalisela ngale nto, yabakholisa; ewe, yonke into awayenzayo ukumkani yabakholisa.

[37]Kwacaca ngaloo mini kumaSirayeli ephela ukuba ukumkani wayengazani konke nokufa kuka-Abhinere unyana kaNere.

[38]Wavakala ukumkani ebhekisa kumaphakathi akhe esithi: "Niyaqonda phofu ukuba yinkokheli kwanengangalala le iwileyo namhlanje kwaSirayeli?
[39]Ndiziva ndityhafile mna namhlanje, ngoku kanye ndingukumkani othanjisiweyo. Aba bafo bangoonyana bakaZeruya baziindlongo-ndlongo, mna bayandixaka. Akwaba uNdikhoyo angamohlwaya umenzi wobubi ngendlela emfaneleyo."

2 Kasamweli 4

Ukugwintwa kukaIshbhoshete

[1] Assim que Is-Bosete, filho de Saul, ficou sabendo que Abner havia sido assassinado na cidade de Hebrom, seus braços decaíram, abateu-lhe todo o ânimo, e todo o Israel se apavorou.

[2] Is-Bosete, filho de Saul, contava com dois chefes de guerrilha; um deles se chamava Baaná, e o outro, Recabe, filhos de Rimom, o beerotita, da tribo de Benjamim; porquanto a cidade de Beerote era considerada parte do território de Benjamim.

[3] O povo de Beerote fugiu Gitaim e até nossos dias vive ali como forasteiro.

[4] Jônatas, filho de Saul, tinha um filho aleijado dos pés. Esse menino tinha cinco anos de idade quando se ouviu a notícia de que Jezreel de que Saul e Jônatas haviam tombado em combate. Sua ama o apanhou e fugiu, todavia, na pressa, ela o deixou cair, e ele ficou manco. Seu nome era Mefibosete.

[5] Os filhos de Rimom de Beerote, Recabe e Baaná, estavam a caminho e chegaram à propriedade de Is-Bosete na hora mais quente do dia, na hora do costumeiro descanso do meio-dia.

[6] Os dois entraram na residência como se fossem buscar trigo, mas o feriram de morte, transpassado-lhe o estômago, e, em seguida, fugiram.

[7] Eles haviam entrado na casa quando Is-Bosete estava deitado na cama, no seu

[1]Unyana kaSawule uIshbhoshete waphelelwa ngamandla zakufika iindaba zokuba uAbhinere ufele eHebron, othuka kakhulu namaSirayeli.

[2]Ke kaloku uIshbhoshete wayenabafo ababini abaziinkokheli zabanqolobi. Ayezizinto zikaRimon wesizwe sakwaBhenjamin eBheroti. Amagama abo bafo yayinguBhana noRekabhi. IBheroti le ibalelwa kwaBhenjamin.

[3]Abemi balapho basabela eGitayim, apho bahlala khona kude kube ngoku bengabangeneleli.

[4]UJonatan unyana kaSawule wayenonyana osisiqhwala kwiinyawo zombini. Wayeminyaka mihlanu ukufa kukayise-mkhulu uSawule noJonatan uyise. Kwathi ukufika kodaba lokufa kwabo, luvela eYizereli, yothuka yamfunqula ibaleka ineni yakhe, waphuncuka wawa, kuba kaloku yayingxamile. Waba sisiqhwala ke loo mntwana. Igama lakhe lalinguMefibhoshete.

[5]Basuka ke uRekabhi noBhana oonyana bakaRimon waseBheroti, benjenjeya ukuya kwaIshbhoshete, bafika khona emini emaqanda, ngexesha esangqengqile, ephumle ngokwesiqhelo sakhe emini ngelo xesha.

[6]OoRekabhi noBhana bangena endlwini phakathi ngokungathi beze nengqolowa, basuka bamhlaba esiswini, baza basaba.

[7]Kaloku bathi ngqo ngomandlalo kaIshbhoshete, bafika bamgwaza bamosela

quarto de dormir. Depois de o transpassarem e o matarem, deceparam-lhe a cabeça. E, levando-a, viajaram durante toda a noite pelo vale do rio Jordão, a rota de Arabá.

esalele njalo. Bamnqumla intloko, bahamba nayo ubusuku bonke, batyhutyha loo ntili yaseJordan.

8 Assim que chegaram a Hebrom, mostraram a cabeça de Is-Bosete a Davi e declararam perante o rei: "Aqui tens a cabeça de Is-Bosete, filho de Saul, teu inimigo que queria tirar-te a vida. O SENHOR entregou hoje ao senhor, meu rei, a vingança sobre o crime de Saul e sua descendência!"

8Bafika eHebron, loo ntloko bayisa kukumkani uDavide, bathi: "Mhlekazi, nantsi intloko kaIshbhoshete unyana walaa mchasi wakho uSawule ubekade ezungula ubomi bakho. Namhlanje uNdikhoyo, mhlekazi, ukuvulele ukuba ubuyise izitya nawe kwinzala kaSawule."

9 Então Davi respondeu a Recabe e Baaná, seu irmão, filhos de Rimom, o beerotita: "Juro pelo Nome de Yahweh, que me tem livrado de todas as aflições:

9UDavide wabaphendula uRekabhi nomntakwabo uBhana oonyana bakaRimon waseBheroti, wathi: "Ekho nje uNdikhoyo obekade endikhulula kuzo zonke iingxingwa, inene,

10 Se, ao que veio me comunicar a notícia da morte de Saul, imaginando que trazia notícias que me alegrariam, eu logo o apanhei e o mandei executar em Ziclague, como recompensa pela sua mensagem,

10kwafika umfo kum eZikelage eze kundixelela ukuba uSawule ufile. Ndamthi ntlithi ndamosela loo mfo. Naxa wayeba undizela neendaba ezimnandi, yaba kukufa umvuzo wakhe.

11 como muito mais razão, quando homens cruéis mataram um homem justo em sua casa, repousando sobre sua própria cama, não deveria eu requerer o seu sangue de vossas mãos criminosas e vos exterminar da terra?"

11Kubeka phi ke xa amatshijolo anjengani aba aphalaza igazi lomntu ongenatyala emandlalweni wakhe ekhayeni lakhe? Nithi ke mandingaliphindezeli elo gazi, ndinicim' igama ehlabathini?"

12 Então Davi ordenou aos seus filhos mais novos que os matassem. Cortaram-lhes as mãos e os pés e os penduraram perto do açude de Hebrom. Tomaram, entretanto, a cabeça de Is-Bosete e a sepultaram no túmulo de Abner, em Hebrom.

12Wathi uDavide abafana mabababulale abo bafo. Benjenjalo ke, babanqumla iinyawo nezandla, babaxhoma ngasedamini lamanzi eHebron. Intloko kaIshbhoshete yona bayithatha, bayifaka engcwabeni lika-Abhinere apho eHebron.

2 Samuel 5

Davi é constituído rei de todo o Israel

2 Kasamweli 5

UDavide ulawula kwaSirayeli

(1 Gan 11:1-9; 14:1-7)

[1] Então todas as tribos de Israel foram até Davi em Hebrom e declararam: "Vê! Nós somos dos teus ossos e da tua carne, teus parentes de sangue!

[1]Ke kaloku izizwe zakwaSirayeli zonke zahlanganisana kuDavide eHebron, zathi: "Mhlekazi, siyazalana; sikwaligazi lakho.

[2] Já antes, quando Saul reinava sobre vós, eras tu que saías e entravas com Israel no comando das tropas; e Yahweh te prometeu: "És tu que apascentarás o meu povo Israel e és tu quem governarás dos os habitantes de Israel!"

[2]Phambili phaya, ngokuya uSawule ebesengukumkani, amaSirayeli ayekhokelwa nguwe xa aya emfazweni. UNdikhoyo wathi kuwe: 'Wena uya kuba ngumalusi wabantu bam amaSirayeli, ube ngumlawuli wabo.' "

[3] Todas os líderes de Israel foram ao encontro do rei Davi em Hebrom; o rei celebrou um pacto com eles em Hebrom diante do SENHOR, e eles ungiram Davi rei de todo o Israel.

[3]Aya kufika ke onke amadoda amakhulu akwaSirayeli kukumkani uDavide eHebron, waza ukumkani wanqophisana nawo phaya eHebron phambi koNdikhoyo, aza ke amthambisa uDavide waba ngukumkani wamaSirayeli.

[4] Tinha Davi trinta anos quando começou a reinar e reinou durante quarenta anos.

[4]Ukuqala kwakhe ukulawula uDavide wayemashumi mathathu ubudala. Ulawule iminyaka engamashumi amane.

[5] Em Hebrom, ele reinou sete anos e seis meses sobre Judá; em Jerusalém, reinou trinta e três anos sobre todo o Israel e sobre Judá.

[5]Waba minyaka isixhenxe neenyanga ezintandathu ephethe kwaJuda, ehlala eHebron. Waphatha kwaSirayeli nakwaJuda ehlala eJerusalem iminyaka engamashumi mathathu anantathu.

[6] O rei Davi e as suas tropas partiram para Jerusalém a fim de expulsar os jebuseus que habitavam naquela terra, os quais advertiram a Davi: "Não conseguirás entrar nesta cidade, até mesmo os cegos e os aleijados são capazes de te impedir!", querendo dizer que Davi jamais conseguiria vencer aquela cidade inexpugnável.

[6]Ke kaloku ukumkani uDavide wanduluka nomkhosi wakhe ukuya kuhlasela amaJebhusi awayemi eJerusalem. AmaJebhusi athi kuDavide: "Akunakuze ungene apha wena! Kwaiimfama neziqhwala ezi zingakujika!" Kaloku ayesithi: "UDavide akangeke abe nako ukutyhoboza."

[7] Contudo, Davi conquistou a fortaleza de Sião; e esta passou a ser a Cidade de Davi.

[7]Kambe ke uDavide wasuka wayithimba inqaba iZiyon, isixeko sikaDavide.

[8] Naquele dia Davi declarou ao seu exército: "Quem desejar vencer os jebuseus terá que

[8]Wavakala esithi uDavide ngaloo mini: "Ukuba kukho umntu ozimisele ukuwoyisa

utilizar a passagem de água para chegar àqueles cegos e aleijados, inimigos de Davi. É por esse motivo que costuma-se dizer alegoricamente: "os cegos e os aleijados não têm o direito de adentrarem à Casa de Deus!"

la maJebhusi aziintshaba zam makanyuke ngalaa msele wamanzi ungaphantsi komhlaba, aye kubulala eziya 'ziqhwala neemfama'!" (Savela apho isaci esithi: "Iimfama neziqhwala azinakungena endlwini kaNdikhoyo.")

9 Assim Davi se estabeleceu na fortaleza e lhe denominou Cidade de Davi. Com o passar do tempo Davi foi construindo moradias e defesas em redor, desde o Milo, o aterro, que ficava do lado leste da cidade até o palácio.

9Waya kuhlala apho ke kuloo nqaba uDavide, waza wayibiza ngokuba sisixeko sikaDavide. Wakha isixeko sayijikeleza, esiza nganeno ukusukela kungqameko.

10 E Davi ia ficando cada vez mais forte por que Yahweh, o Deus Todo-Poderoso, estava com ele.

10Waya esomelela ngokomelela, kuba kaloku uNdikhoyo uThixo onamandla onke wayenaye.

11 Então Hirão, rei de Tiro, enviou mensageiros a Davi, e madeira de cedro, e carpinteiros e pedreiros, que edificaram uma casa para Davi.

11Ukumkani uHiram waseTire wathumela izigidimi kuDavide, ziphethe izibonda zomsedare, zihamba nabachweli kunye neengcibi zamatye, zaza zamakhela ibhotwe uDavide.

12 Então concluiu Davi que Yahweh o confirmara como rei sobre Israel e que seu reino estava prosperando por causa do amor que o SENHOR dedicava a Israel, o seu povo.

12Ke uDavide waqonda ukuba uNdikhoyo umzinzisile wangukumkani kwaSirayeli, eqonda nokuba uNdikhoyo ulawulo lwakhe uluphakamisile ngenxa yabantu bakhe amaSirayeli.

Os filhos de Davi que nasceram em Jerusalém

13 Depois de mudar-se de Hebrom para Jerusalém, Davi tomou mais concubinas e esposas em Jerusalém e com elas teve mais filhos e filhas.

13Ukufika kwakhe eJerusalem, evela eHebron, uDavide waphinda wathatha abanye abafazi namaqadi, waza ke wazala abanye oonyana neentombi.

14 Os filhos de Davi que nasceram em Jerusalém foram: Samua, Sobade, Natã, Salomão,

14Nanga amagama abantwana bakhe abazalelwe eJerusalem: nguShamuwa, uShobhabhi, uNatan, uSolomon,

15 Ibar, Elisua, Nefegue, Jafia,

15uIbhare, uElishuwa, noNifege, noYafiya,

16 Elisama, Eliadá e Elifelete.

16uElishama, noEliyada, kunye noElifelete.

Ukoyiswa kwamaFilistiya nguDavide

(1 Gan 14:8-17)

[17] Quando os filisteus souberam que Davi havia sido ungido rei sobre Israel, subiram todos em busca dele. Assim que tomou conhecimento destas notícias, Davi desceu à fortaleza.

[18] Os filisteus chegaram e se espalharam pelo vale de Refaim.

[19] Então Davi consultou o SENHOR: "Devo atacar os filisteus?", indagou ele. "Tu os entregarás nas minhas mãos?" E Yahweh respondeu a Davi: "Ataca! Certamente entregarei os filisteus nas tuas mãos!"

[20] Em seguida, Davi se dirigiu à cidade de Baal-Perazim e ali os venceu, e declarou: "Assim como as águas avassaladoras de uma enchente abrem o seu caminho, pelas minhas mãos Yahweh derrubou as fortalezas dos meus inimigos e os destruiu diante dos meus olhos!" Então, o lugar daquela batalha passou a ser chamado de Báal-Peratsim, o Senhor que Rompe os Obstáculos.

[21] Como os filisteus haviam abandonado os seus ídolos ali, Davi e seus soldados os apanharam.

[22] Os filisteus subiram novamente e se espalharam pelo vale de Refaim;

[23] então Davi consultou o SENHOR de novo, que lhe respondeu: "Não os ataque pela frente, mas dá a volta pela sua retaguarda e aproxima-te deles em frente às amoreiras.

[24] Quando ouvires um ruído de passos por sobre as amoreiras, saia rapidamente, pois será esse o sinal de que Yahweh saiu à frente para ferir o exército filisteu.

[17]Zakuvakala kumaFilistiya iindaba zokuba uDavide uthanjiswe waba ngukumkani wakwaSirayeli, akhupha umkhosi wawo, emfuna. Uthe akuyiva loo nto uDavide wemka waya kuhlala kwindawo eyinqaba.

[18]Afika ke amaFilistiya, ema kwintili yamaRafa,

[19]waza uDavide wabuzisa kuNdikhoyo wathi: "Kufuneka ndiwahlasele na amaFilistiya? Ngaba uza kuwanikela esandleni sam na?" UNdikhoyo wathi kuDavide: "Ewe, wahlasele; inene, ndowanikela esandleni sakho amaFilistiya."

[20]Wasuka ke uDavide, wenjenjeya ukuya eBhali-perazim, apho wafika wawoyisa amaFilistiya. Wavakala esithi: "Njengokutyhoboza kwamanzi uNdikhoyo wenjenjalo ukuzikhukulisa iintshaba zam ngaphambi kwam." Ngoko ke loo ndawo kwathiwa yiBhali-perazim.

[21]Ke kaloku amaFilistiya azishiya apho izithixo zawo, bazithatha ooDavide bemka nazo.

[22]AmaFilistiya aphinda enyuka aya kulaa ntili yamaRafa, ema kuyo,

[23]waza uDavide wabuzisa kuNdikhoyo kwakhona, ke yena uNdikhoyo wathi kuye: "Sukuya ngqo kuwo, koko warhawule, uwahlasele uvela ngasemva kwawo phaya ngakwimithi yebhalsam.

[24]Uze uthi nje ukuba uve isingqisho phaya kwiincopho zemithi yebhalsam, uphume ngokukhawuleza, kuba yoba ngumqondiso wokuba uNdikhoyo uhamba phambi

kwakho, uza kuwuqwakanisa umkhosi wamaFilistiya.”

25 Davi fez como o SENHOR lhe havia ordenado, e derrotou os filisteus por todo o caminho, desde Geba, até chegar a Gezer.

25UDavide ke wenza ngokomyalelo kaNdikhoyo, wawuvuthulula umkhosi wamaFilistiya ukusuka eGebha kuye kutsho eGezere.

2 Samuel 6

Davi traz a arca para Jerusalém

1 Mais uma vez Davi reuniu os melhores soldados de Israel, num total de trinta mil homens.

2 Conduziu-os até à cidade de Baalá, em Judá, com o objetivo de pegar a Arca da Aliança, sobre a qual se invoca o Nome Deus: Yahweh, SENHOR dos Exércitos, que se assenta no seu trono entre os querubins.

3 Colocaram a Arca de Deus em um carro de bois construído especialmente para essa missão, e a tiraram da residência de Abinadabe, que ficava sobre a colina. Uzá e Aiô, filhos de Abinadabe, conduziam o carro novo.

4 E eles partiram, dirigindo-o com a Arca de Deus, desde a casa de Abinadabe, que estava sobre a colina; Aiô caminhava adiante da Arca.

5 Davi e toda a casa de Israel se alegravam perante o SENHOR, com todo o tipo de instrumentos feitos de pinho, como também harpas, saltérios, tamboris, pandeiros e címbalos.

6 Quando chegaram à eira, ao campo de descascar cereais, que pertencia a Nacom, os bois tropeçaram. Então Uzá estendeu a mão e segurou a Arca a Aliança.

2 Kasamweli 6

Ukulandwa kwetyesi yomnqophiso

(1 Gan 13:1-14; 15:25 – 16:6,43)

1Ke kaloku uDavide waphinda wabiza awona magorha omkhosi wakwaSirayeli, amashumi amathathu amawaka ewonke,

2waya nawo eBhali kwaJuda ukuya kulanda khona ityesi yomnqophiso kaThixo, enegama likaNdikhoyo onamandla onke, ongqendeve phezu kwemifanekiso yezithunywa ezimaphiko.

3Baya kwa-Abhinadabhi, omzi wawumi phezu kwentaba, bafika bayithatha bayilayisha enqwelweni entsha. Loo nqwelo yayiqhutywa ngooUza noAhiyo, oonyana baka-Abhinadabhi.

4Ewe, ityesi yomnqophiso kaThixo bayithatha kwindlu ka-Abhinadabhi ephezu kwentaba, bahamba nayo uAhiyo ekhokele.

5Babesombela, bexhentsa, bemathontsi ooDavide kunye namaSirayeli onke, bedumisa uNdikhoyo. Kwakubethwa iihapu neekatala, kuduma amagubu, kukhenkceza iintsimbi namacangci.

6Bathi bakufika ngasesandeni sakwaNakon, zakhubeka iinkabi, waza u-Uza wabamba ityesi kaThixo eyixhasa.

[7] Imediatamente a ira do SENHOR se acendeu contra Uzá, e Deus o feriu por seu erro; e Uzá morreu ali mesmo junto à Arca de Deus.

[8] Davi irritou-se porque o SENHOR irrompera em ira contra Uzá; por isso, aquele lugar passou a se chamar Pérets-Uzá, Castigo de Uzá, até o dia de hoje.

[9] Nesse dia, Davi teve grande medo de Yahweh e questionou: “Como poderá vir a Arca de Yahweh para ficar em minha casa?”

[10] Por esse motivo ele desistiu de levar a Arca do SENHOR direto para a Cidade de Davi. Em vez disso, levou-a para a casa de Obede-Edom, de Gate.

[11] A Arca do SENHOR permaneceu na casa dele por três meses, e o SENHOR o abençoou grandemente, bem como toda a sua família.

[12] Então informaram ao rei Davi: “O SENHOR tem abençoado grandemente a família de Obede-Edom e tudo o que ele possui, por causa da Arca de Deus!” Então Davi, promoveu grande festa, foi até a casa de Obede-Edom e ordenou que transportassem a Arca de Deus para a Cidade de Davi.

[13] Assim que os carregadores da Arca de Yahweh deram os primeiros seis passos, ele já havia sacrificado um boi e um novilho gordo ao SENHOR.

[14] Davi, vestindo o efod, colete sacerdotal de linho, seguiu dançando com todas as suas forças na presença do SENHOR.

[15] Assim Davi e todo o povo de Israel subiam, trazendo a Arca do SENHOR com

[7]Wavutha umsindo kaNdikhoyo ngaku-Uza ngenxa yeso senzo sakhe sokungahloniphi. Ke uThixo wambetha u-Uza wafela apho ngakuloo tyesi kaThixo.

[8]Wakhathazeka uDavide, kuba umsindo kaNdikhoyo utyhobozele ku-Uza. Loo ndawo ke kuthiwa yiPereze-uza ukubizwa kwayo unanamhla.

[9]Wangenwa kukumoyika uNdikhoyo ngaloo mini uDavide, wathi: “Yaz'ba ingeza njani na kum ityesi kaNdikhoyo?”

[10]Akavumanga ke uDavide ukuba sayisa kwakhe kwisixeko sikaDavide ityesi kaNdikhoyo, suka wayijika wayisa endlwini kaObhedi-edom umGati.

[11]Yahlala apho iinyanga zantathu; uNdikhoyo wamthamsanqela uObhedi-edom nomzi wakhe wonke.

[12]Waxelelwa ukumkani uDavide kwathiwa: “Uwusikelele uNdikhoyo umzi kaObhedi-edom, nezinto zonke anazo, ngenxa yokugcina kwakhe ityesi kaThixo.” Waya kuyilanda ngemincili apho endlwini kaObhedi-edom ke uDavide ityesi kaThixo, wayisa esixekweni sikaDavide.

[13]Kwakusithiwa loo madoda ayeyithwele ityesi kaNdikhoyo ehambe nje iinyawo zantandathu, uDavide athi makumiwe, enzele uNdikhoyo idini ngenkunzi yenkomo nangethole elityebileyo.

[14]Wayexhentsa ngamandla phambi koNdikhoyo uDavide, ethe thande nje kuphela isidanga selinen esinqeni.

[15]Yada yaya kungena eJerusalem ityesi kaNdikhoyo, uDavide namaSirayeli betsho ngentsholo lihlombe, kukhala nezigodlo.

brados de alegria e ao som jubiloso das trombetas.

[16] Entretanto, aconteceu que, entrando a Arca do SENHOR na Cidade de Davi, a filha de Saul, Milcal, contemplava tudo de uma janela. E, ao observar o rei Davi dançando e celebrando diante do SENHOR, ela sentiu por ele um profundo desprezo.

[17] Eles trouxeram a Arca do SENHOR e a depositaram na tenda que Davi lhe havia preparado; e Davi ofereceu a Yahweh, holocaustos, que são os sacrifícios queimados, e ofertas de paz e comunhão.
[18] Assim que Davi terminou de oferecer os holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão, abençoou o povo em o Nome de Yahweh, SENHOR dos Exércitos.
[19] Em seguida distribuiu a todo o povo e à multidão toda que se reunia em Israel, homens e mulheres, a cada pessoa: um pedaço de pão, naco de carne, pouco de vinho e um bolo de uvas passas. Em seguida, despediu-se do povo, e cada um foi para sua casa.
[20] Então Davi retornou para sua casa a fim de abençoar também a sua família, mas Mical, filha de Saul saiu ao seu encontro e lhe censurou exclamando: "Que bela atitude teve o grande homem de Israel neste dia! O rei de Israel mais parecia em desavergonhado, tirando o manto real e ficando apenas com a túnica de linho em frente das escravas de seus servos, como um homem vulgar!"
[21] Contudo, Davi ponderou e respondeu a Mical: "Foi na presença do SENHOR que eu

[16]Ekungeneni kwabo netyesi kaNdikhoyo esixekweni sikaDavide, uMikali, intombi kaSawule, wayebukele ekrobe ngefestile. Wathi ke, akubona ukumkani uDavide exhentsa etyityimba phambi koNdikhoyo, yamtsho wamcekisa entliziyweni yakhe loo nto.

[17]Bahamba nayo ityesi kaNdikhoyo, baya kuyifaka endaweni yayo kwintente eyenzelwe yona nguDavide. Emva koko ke uDavide wamenzela uNdikhoyo amadini atshiswayo nawobudlelwane.
[18]Uthe akugqiba ukwenza loo madini atshiswayo nawobudlelwane uDavide wacelela abantu amathamsanqa kuNdikhoyo onamandla onke.

[19]Emva koko ke wonke umSirayeli, indoda nomfazi, wamnika iqebengwana lesonka, nesuntswana leedatile neleerasentyisi. Kwagodukwa ngumntu wonke.

[20]Uthe akufika ekhaya uDavide, ezimisele ukusikelela indlu yakhe,umkakhe uMikali intombi kaSawule wamhlangabeza, wathi: "Ngxatsho ke, kumkani wamaSirayeli! Yini, wethu, awabi nazintloni ukuhamba ze nangaphambi kwezicakazana zamaphakathi akho? Ubunjengendlavini, yona ihamba izihluba nje naphi na!"

[21]UDavide waphendula wathi kuMikali: "Mna into ebendiyenza bendidumisa

dancei. Foi de júbilo e louvor que celebrei a Yahweh, que me escolheu em lugar de seu pai ou de qualquer outro de seus descendentes, quando me instituiu monarca sobre o povo de Yahweh, sobre todo o Israel. Ora, diante do SENHOR continuarei a celebrar e me alegrar!

uNdikhoyo ngokuya bendixhentsa, lo ndityunjwe nguye ukuba ndikhokele amaSirayeli endaweni kayihlo kunye nendlu yakhe. Ndiya kumdumisa uNdikhoyo,

22 E muito mais ainda exporei as minhas fragilidades, e me humilharei aos meus próprios olhos. No entanto, serei honrado por todas essas servas de quem tu falas!”

22yaye ndizimisele ukuqhubela phambili ukuba ngothobekileyo. Ungandidela wena, kodwa zona ezaa zicakazana zamantombazana zindihloniphile.”

23 E até o dia da sua morte, Mical, filha de Saul, nunca gerou um único filho.

23Intombi kaSawule uMikali ayizange ibe nanzala de kwayimini yokufa kwayo.

2 Samuel 7

Davi deseja edificar um templo ao Senhor

1 O rei Davi morava tranquilamente em seu palácio, pois o SENHOR havia lhe dado descanso de todos os seus inimigos ao redor.

2 Então, certo dia, ele comentou com o profeta Natã: “Vê! Eu estou habitando numa grande casa de fino cedro enquanto a Arca de Deus permanece numa simples tenda!”

3 Ao que Natã respondeu ao rei: “Vai e faze o que teu coração manda, porquanto Yahweh é contigo!”

4 Contudo, nesta mesma noite a Palavra de Yahweh veio a Natã nestes termos:

5 “Vai dizer ao meu servo Davi: Assim diz Yahweh, o SENHOR: Construirias tu uma casa em que Eu venha habitar?

6 E casa nenhuma habitarei desde o dia em que fiz subir do Egito os filhos de Israel até o dia de hoje, mas andei em acampamentos peregrinos debaixo de uma tenda simples e um abrigo.

2 Kasamweli 7

Isithembiso sikaThixo kuDavide

(1 Gan 17:1-15)

1Akuba ukumkani ezinzile kwikomkhulu lakhe, noNdikhoyo emnike ukuphumla kuzo zonke iintshaba ezimnqongileyo,

2wathetha nomshumayeli uNatan wathi: “Khangela, mna ndihlala kwibhotwe elakhiwe ngamaplanga omsedare, ukanti yona ityesi kaThixo ihlala nje ententeni!”

3UNatan wathi kukumkani: “Nantoni na oyicingayo qhubela phambili uyenze, kuba uNdikhoyo unawe.”

4Ngobo busuku ke lafika kuNatan ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

5“Hamba, uye kuxelela isicaka sam uDavide uthi: ‘Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ngaba iya kuba nguwe na ondakhela indlu endiya kuhlala kuyo?

6Ukususela mhla ndawakhupha eJiputa amaSirayeli, kude kube namhlanje, andizange ndihlale endlwini; bendisoloko ndihamba-hamba ndihlala ententeni, nditsho kanye umnquba.

[7] Durante todo o tempo em que andei com os filhos de Israel, porventura disse a um só dos juízes de Israel, que Eu tinha instituído como pastores do meu povo Israel: 'Por que não edificas para mim uma casa de cedro?
[8] Eis o que dirás ao meu servo Davi: Assim fala o SENHOR dos Exércitos. Fui Eu que te tirei das pastagens, onde pastoreavas ovelhas, para seres chefe do meu povo Israel.

[9] Eu estive contigo por onde ias e destruí todos os teus inimigos diante de ti. Eu te darei um grande nome como o nome dos grandes da terra.

[10] E prepararei um lugar para o meu povo Israel, e o estabelecerei lá, para que desfrute do seu próprio lar e não mais tenha de andar errante, nem os perversos continuem a oprimi-lo como o fizeram no inicio e

[11] vem ocorrendo desde o tempo em que instituí juízes sobre o meu povo Israel. Também subjugarei todos seus adversários. Saiba, pois, também que Eu, Yahweh, lhe estabelecerei uma dinastia.

[12] Quando a sua vida chegar ao fim na terra e vieres a descansar na companhia dos teus antepassados, escolherei um dos seus filhos para sucedê-lo, um fruto do seu próprio corpo, e Eu firmarei o reino dele.
[13] Será ele quem edificará uma Casa em honra ao meu Nome, e Eu firmarei o trono dele para sempre.
[14] Eu serei seu Pai, e ele será meu Filho, mesmo no tempo em que tiver que padecer

[7]Oko ndajikeleza ndihamba namaSirayeli, andizange ndikhalaze kwiinkokheli endaziyalela ukuba zaluse abantu bam, andizange ndizibuze ndithi: Ngani ukuba ningandakheli indlu yomsedare?'
[8]"Ke ngoko yithi kuDavide isicaka sam: 'Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: Wena Davide ndakuthatha emadlelweni ekwaluseni iigusha, ndakwenza umlawuli wabantu bam amaSirayeli.
[9]Ndakukhapha kwiindawo zonke owawuhamba kuzo, ndazisusa zonke iintshaba zakho phambi kwakho. Ngoko ke ngoku igama lakho ndiza kulenza lidume lifane nelabakhulu emhlabeni.
[10]Abantu bam amaSirayeli ndobabonela indawo abaza kuma kuyo, ndibazinzise, babe nendawo yabo, bangabuye babandezelwe nanini na. Abantu abakhohlakeleyo abayi kuba sabacinezela njengoko bebesenjenjalo ngaphambili,
[11]ukusukela kwimihla endabamisela abantu bam amaSirayeli iinkokheli. Ndiza kukwenza uphumle kuzo zonke iintshaba zakho. " 'UNdikhoyo utsho kuwe ukuthi nguye ngokwakhe oya kuyizinzisa indlu yakho.
[12]Yakuphela imihla yakho, xa sewuye kuphumla kooyihlo, ndokuvusela ihlumelo, lithathe isikhundla sakho. Ewe, nditsho omnye woonyana bakho oyinyama negazi lakho. Ndiya kuluzinzisa ulawulo lwakhe.
[13]Nguye ke oya kulakhela indlu igama lam, ndiluzinzise ulawulo lombuso wakhe ngonaphakade.
[14]Mna ndiya kuba nguyise kuye, yena abe ngunyana wam, xa onile abantu ndiya

pela iniquidade dos homens, Eu mesmo o punirei e açoitarei com o castigo dos humanos, aplicado por intermédio de homens.

kubenza intonga endimohlwaya ngabo nemivumbo endimbetha ngabo.

15 Contudo, jamais retirarei dele o meu amor, como retirei de Saul, a quem tirei do seu Caminho.

15Inceba yam ayisayi kuze ishenxe kuye njengokuba ndênjenjalo kuSawule endamsusa esihlalweni ukuze kungene wena.

16 A tua casa e a tua realeza, todavia, subsistirão para sempre na minha presença, e o teu trono se estabelecerá pela eternidade!"

16Indlu yakho ndiya kuyizinzisa, ubukumkani bakho buhlale buhleli, ulawulo lwakho luhlale ngonaphakade.' "

17 Natã comunicou a Davi todas as palavras dessa profecia com todo o esplendor da sua revelação.

17Ke uNatan waya kuxelela uDavide onke amazwi alo mbono.

Umthandazo kaDavide
(1 Gan 17:16-27)

18 Então o rei Davi entrou na tenda da Arca, sentou-se diante do SENHOR e orou assim: "Ó Yahweh, meu Soberano SENHOR, quem sou eu, e o que é a minha família para que mereçamos tudo quanto tens feito por nós desde o passado até o dia de hoje?

18Ke kaloku ukumkani uDavide wangena waya kuhlala phambi koNdikhoyo, waza wathi: "Kuxa ndingubani mna, Nkosi yam Ndikhoyo? Iyintoni yona indlu yam, ukuba ude uze kundibeka kule ndawo ndikuyo ngoku?

19 E como se as muitas e preciosas bênçãos do passado não bastassem, agora está fazendo promessas de bem-aventuranças para os descendentes do teu servo no futuro. Este é o teu decreto para a humanidade, ó SENHOR, meu Deus!

19Kanti ke akwanelanga ukwenjenjalo kuphela, Nkosi yam Ndikhoyo: ngoku uthetha nangekamva lendlu yesicaka sakho. Ngaba le yindlela yakho omphatha ngayo umntu, Nkosi yam Ndikhoyo?

20 Que mais poderá dizer Davi? Tu conheces bem o teu servo, ó Soberano SENHOR.

20"Mandithini, mna Davide, ukuthetha nawe, Nkosi yam Ndikhoyo? Kaloku uyabazi ubunjani besicaka sakho.

21 Por amor a tua Palavra e mediante a tua vontade é que fizeste esta grandiosidade e a revelaste a teu servo.

21Ngenxa yelizwi lakho nangokokuthanda kwakho wenze le nto inkulu kangaka, ngenxa yesithembiso nobubele bakho, waza wayazisa kwisicaka sakho.

22 Portanto, tu és Maravilhoso, ó Yahweh, Soberano! Não há absolutamente nada nem

22"Yiyo ke loo nto ndithi umkhulu, wena Ndikhoyo Nkosi yam. Akukho onjengawe,

ninguém como tu; somente tu és Deus, como temos aprendido e visto.

[23] E quem é como Israel, o teu povo, a única nação sobre a terra, que tu pessoalmente resgataste para dela constituíres um povo para ti mesmo, e assim tornaste o teu Nome conhecido em toda a terra, realizaste portentosas e maravilhosas obras ao expulsar nações inteiras e seus deuses de diante desta tua nação que libertaste do Egito?

[24] Tu mesmo fizeste de Israel o teu povo particular para sempre, e tu, ó Yahweh, te tornaste o seu Deus.

[25] Agora, portanto, ó SENHOR Deus, confirma para a eternidade a palavra que afirmaste sobre o teu servo e da sua família e faz tudo como tens dito,

[26] para que teu Nome seja louvado e adorado para sempre, e se declare: 'Yahweh, o SENHOR dos Exércitos é Deus sobre Israel, e a descendência do teu servo Davi será mantida firme diante da tua presença.

[27] Ó SENHOR Todo-Poderoso, Deus de Israel! Tu mesmo o revelaste a teu servo, quando afirmaste: 'Estabelecerei uma série de reis a partir de ti' Por isso o teu servo encontrou coragem para erguer essa oração a ti.

[28] Sim, Soberano Yahweh, és tu que és Deus, as tuas palavras são verdade e tu escolheste fazer esta maravilhosa promessa ao teu servo.

kungekho naThixo ngaphandle kwakho, njengoko sazivelayo ngezi zethu iindlebe.

[23]Ngoobani abanjengabantu bakho amaSirayeli? Kaloku wona asisizwe ekukuphela kwaso ehlabathini esiThixo waso waphumayo waya kuzikhululela abantu bakhe, ukuze azenzele igama ngezigigaba ezimangalisayo, xa wawuqwakanisa izizwe uzigxotha kunye noothixo bazo, khon' ukuze endaweni yazo kungene abantu owabakhulula kwelaseJiputa.

[24]Ubazinzisile abantu bakho amaSirayeli, wabenza bangabakho ncakasana ngonaphakade. Wena ke, Ndikhoyo, waba nguThixo wabo.

[25]"Ngoku ke, Thixo Ndikhoyo, isithembiso osenzileyo ngokuphathelele kwisicaka sakho kunye nendlu yaso mawusigcine ngonaphakade. Yenza ngokwesithembiso sakho

[26]ukuze igama lakho libalasele ngonaphakade. Nabantu ke botsho bathi: 'UNdikhoyo onamandla onke nguThixo kaSirayeli.' Nendlu yesicaka sakho uDavide ke iya kuzinza phambi kwakho.

[27]"Nguwe kaloku, Ndikhoyo onamandla onke, Thixo wakwaSirayeli, ondityhilele ezi zinto mna sicaka sakho. Nguwe othe: 'Indlu yakho ndiza kuyakha.' Yiyo ke loo nto isicaka sakho sibe nobuganga bokwenza kuwe lo mthandazo.

[28]Nkosi yam Ndikhoyo, wena unguThixo, yaye amazwi akho athembekile. Isicaka sakho usenzele esi sithembiso sihle kangakanana.

[29] Consente, pois, em abençoar a casa do teu servo, para que ela permaneça eternamente na tua presença, porque és tu, ó SENHOR meu Deus, que tens falado, e é por intermédio da tua bênção que a casa do teu servo será bem-aventurada por todo o sempre!”

[29]Ndiyakubongoza ke, yithamsanqele indlu yesicaka sakho, ize ihlale ikukhonza njalo. Kaloku, Ndikhoyo, Nkosi yam, kutsho wena ukuba indlu yesicaka sakho uya kuhlala uyithamsanqela ngonaphakade.”

2 Samuel 8

As vitórias de Davi sobre várias nações

[1] Passados esses acontecimentos, Davi atacou os filisteus e os subjugou. Davi tomou o território de Metegue-Amá das mãos dos filisteus.

[2] Do mesmo modo derrotou os moabitas e os fez deitar lado a lado no chão e os mediu com uma corda calculando: dois terços deles destinados à execução e um terço livres da morte. Assim os moabitas se tornaram servos de Davi, pagando-lhe tributos.

[3] Davi igualmente venceu Hadadezer, filho de Reobe, rei de Zobá, quando Hadadezer tentava recuperar o controle na região do rio Eufrates.

[4] Davi tomou posse de mil e setecentos cavaleiros e vinte mil soldados da infantaria; também aleijou todos os cavalos dos carros, exceto os cavalos para aparelhar um grupo de cem carros.

[5] Quando os sírios de Damasco chegaram para socorrer Hadadezer, rei de Zobá, Davi e seu exército mataram vinte e dois mil soldados sírios.

2 Kasamweli 8

Uloyiso lukaDavide ezimfazweni

(1 Gan 18:1-17)

[1]Ke kaloku ekuhambeni kwexesha uDavide wawahlasela amaFilistiya, wawoyisa, wabuhlutha ubukhosi esandleni sawo.

[2]Ngokunjalo wawoyisa namaMowabhi. Uwalalise phantsi emhlabeni, wathatha intambo, wawalinganisa ngayo, isibini sobude bawo wasibulala, ke sona esesithathu sisonke wasiyeka saphila. AmaMowabhi aba phantsi kukaDavide ke, amnika imirhumo.

[3]Kananjalo uDavide walwa nokumkani waseZobha uHadadizere unyana kaRehobhi, xa kanye wayezama ukubuyisela ulawulo lwakhe kummandla womlambo iEfrati.

[4]UDavide wathimba iwaka leenqwelo zakhe, kunye namawaka asixhenxe abakhweli-mahashe, ngokunjalo namashumi amabini amawaka amajoni ahamba ngeenyawo. Amahashe ke wawanqumla imisipha, washiya amahashe eenqwelo alikhulu.

[5]Athe ke ama-Aram aseDamasko akuzama ukuncedisa uHadadizere ukumkani waseZobha, wasuka uDavide wabulala

amashumi amabini anambini amawaka awo.

[6] Então o rei Davi estabeleceu guarnições militares na Síria de Damasco, e os sírios se tornaram servos de Davi, pagando-lhe impostos. O SENHOR lhe dava a vitória por onde quer que passava.

[6]Wasuka ke wabeka amabutho akhe kuwo wonke umbuso wama-Aram aseDamasko, ahlala ephantsi kwakhe, akhupha imirhumo kuye. UDavide wanikwa uloyiso nguNdikhoyo konke apho ahamba khona.

[7] Davi também pegou os escudos de ouro que os servos de Hadadezer usavam e os trouxe para Jerusalém.

[7]UDavide wawahlutha amakhaka egolide awayengawamaphakathi kaHadadizere, waya nawo eJerusalem.

[8] O rei Davi tomou grande quantidade de bronze de Betá e de Berotai, cidades de Hadadezer.

[8]Kwiidolophu zikaHadadizere iTebha neBherotayi ukumkani uDavide wathimba intaphane yobhedu.

[9] Quando Tói, rei de Hamate, ouviu que Davi tinha exterminado todo o exército de Hadadezer,

[9]Zaya kutsho naseHamati kukumkani uToyi iindaba zokoyiswa komkhosi kaHadadizere nguDavide.

[10] mandou seu filho Jorão saudá-lo e parabenizá-lo por ter batalhado contra Hadadezer e tê-lo vencido; porquanto Hadadezer investia sempre contra Tói. Jorão trouxe consigo utensílios de prata, de ouro e de bronze,

[10]Wandulula unyana wakhe uYoram ukuba ase imibuliso yakhe kukumkani uDavide, avuyisane naye ngokoyisa kwakhe uHadadizere owalwa kaninzi-ninzi nokumkani uToyi. UYoram waphathela uDavide izipho ezenziwe ngegolide nangesiliva nangobhedu.

[11] os quais o rei Davi consagrou ao SENHOR, como já havia dedicado a prata e o ouro de todas as nações que havia derrotado:

[11]Ezo zipho uDavide wazinikezela kuNdikhoyo, kwanjengoko wenjenjalo nangesiliva negolide awayeyithimbe kwizizwe zonke azoyisileyo:

[12] da Síria, de Moabe, dos amonitas, dos filisteus, de Amaleque e dos despojos de Hadadezer, filho de Reobe, rei de Zobá.

[12]ama-Aram, amaMowabhi, ama-Amon, amaFilistiya, kunye nama-Amaleki. Wanikezela nangamaxhoba awawathimba kukumkani waseZobha uHadadizere unyana kaRehobhi.

[13] Davi viu sua fama crescer muito e entre todos os povos ao retornar da batalha em que matou dezoito mil homens de Edom no vale do Sal.

[13]UDavide wazenzela igama ukubuya kwakhe emva kokubulala ishumi elinesibhozo lamawaka amaEdom kwiNtlambo yeTyiwa.

[14] Em seguida, estabeleceu guarnições militares em Edom, e todos os edomitas tornaram-se servos de Davi. E o SENHOR lhe concedia vitórias a Davi em todos os lugares aonde decidia atacar.

[15] Davi reinou sobre todo o Israel. Ele governava com justiça e equidade a todo o seu povo.

[16] Joabe, filho de Zeruia, comandava o exército; Jeosafá, filho de Ailude, era cronista e conselheiro do rei;

[17] Zadoque, filho de Aitube, e Aimeleque, filho de Abiatar, eram sacerdotes; Seraías exercia as funções de escrivão;

[18] Benaia, filho de Joiada, liderava os quereteus e peleteus; e os filhos de Davi eram sacerdotes e ministros de estado.

2 Samuel 9

A bondade de Davi para com o filho de Jônatas

[1] Certa ocasião Davi questionou a si mesmo: “Será que alguma pessoa da família de Saul ainda vive? Se houver, eu gostaria muito de encontrá-la e fazer algo de bom por essa pessoa, em memória da minha amizade por Jônatas.

[2] Então convocaram Ziba, um dos servos da família de Saul, para apresentar-se a Davi, e o rei lhe indagou: “Tu és Ziba?” E ele prontamente respondeu: “Teu servo senhor!”

[3] O rei prosseguiu: “Resta ainda alguém da família de Saul a quem eu possa demonstrar a lealdade de Deus?” Ao que replicou Ziba:

[14]Wamisa amabutho akhe kulo lonke elase-Edom, aza amaEdom aba phantsi koDavide. UNdikhoyo wamnika uloyiso uDavide konke apho ahamba khona.

Amagosa kaDavide

[15]Ke kaloku uDavide walawula uSirayeli ewonke jikelele, ebaphethe kakuhle nangobulungisa bonke abantu bakhe.

[16]UJowabhi, unyana kaZeruya, wayeyinjengele yomkhosi, uYoshafati, unyana ka-Ahilude, engumthathi-manqaku.

[17]Ke yena uZadoki, unyana ka-Ahitubhi, noAhimeleki, unyana ka-Abhiyatare, babengababingeleli, uSeraya yena engunobhala.

[18]UBhenaya, unyana kaJoyada, wayongamele abalindi abangamaKreti namaPleti. Ke bona oonyana bakaDavide bengabacebisi bakakumkani.

2 Kasamweli 9

UDavide noMefibhoshete

[1]UDavide wathi: “Ngaba akusekho nampunde na iseleyo kumzi kaSawule? Ndifuna ukuyenzela inceba ngenxa kaJonatan. ”

[2]Kwakukho isicaka sakwaSawule apho, uZibha igama. Kwathiwa masiye phambi kokumkani. Wasibuza ukumkani sakufika wathi: “UnguZibha wena?” Saphendula sathi: “Ewe, ndinguye umkhonzi wakho.”

[3]Uqhube wathi ukumkani: “Ngaba kusekho impunde ekhoyo endlwini kaSawule? Ndifuna ukubonakalisa inceba kaThixo kuyo.” UZibha wathi kukumkani: “Ewe,

"Ainda há um filho de Jônatas, aleijado dos pés."

[4] E o rei desejou saber: "E onde ele se encontra agora?" Diante do que Ziba lhe disse: "Na casa de Maquir, filho de Amiel, em Lo-Debar."

[5] Então, em seguida, o rei Davi mandou trazê-lo da cidade de Lo-Debar.

[6] Então Mefibosete, filho de Jônatas, neto de Saul, veio à presença Davi, e se prostrou com o rosto em terra e fez-lhe reverência. Davi o chamou pelo nome: "Mefibosete?" E ele prontamente respondeu ao rei: "Eis aqui teu servo senhor!"

[7] Então Davi o tranquilizou dizendo: "Não temas, porquanto o chamei para lhe demonstrar bondade, por amor a Jônatas, teu pai, meu amigo; restituirei todas as terras de Saul, pai de teu pai, e tu sempre haverás de comer à minha mesa.

[8] Então Mefibosete lhe fez reverência e declarou: "Ó senhor, quem é este teu servo, para dares tua preciosa atenção? Valho tanto quanto um cachorro morto."

[9] Imediatamente Davi chamou Ziba, servo de Saul, e ordenou: "Dá ao filho de teu senhor tudo o que pertencia a Saul e a toda a sua família!

[10] Tu cultivarás a terra com teus filhos e servos, e colherás dos frutos para que o filho de teu senhor tenha alimento para comer; mas Mefibosete, filho de teu senhor, comerá sempre à minha mesa." Ziba tinha quinze filhos e vinte servos.

kusekho unyana kaJonatan; nto nje ulimele iinyawo zombini. "

[4]Ukumkani wathi kuye: "Uphi apho akhoyo?" UZibha wathi kukumkani: "Uhlala kwaMakire, unyana ka-Amiyeli, eLodebhare."

[5]Ke ukumkani uDavide wamsusa uMefibhoshete endlwini kaMakire unyana ka-Amiyeli eLodebhare.

[6]Akufika phambi kokumkani uDavide, uMefibhoshete unyana kaJonatan unyana kaSawule wathi guqaqa ngobuso, wakhahlela kukumkani. UDavide wathi: "Mefibhoshete!" Yena wathi: "Ndim, mna sicaka sakho."

[7]Uthe kuye uDavide: "Uze ungoyiki. Ndifuna ukukwenzela inceba ngenxa kayihlo uJonatan. Umhlaba kayihlo-mkhulu uSawule ndifuna ukuwubuyisela kuwe, yaye ndifuna udle etafileni yam lonke ixesha."

[8]Ubuye wakhahlela uMefibhoshete, wathi: "Mhlekazi, uyintoni na umkhonzi wakho ukuba uthathe ingqalelo ngenja efileyo enjengam nje?"

[9]Ukumkani wabiza uZibha isicaka sikaSawule, wathi kuye: "Yonke into yakwaSawule inkosi yakho ndiyinika umzukulwana wakhe uMefibhoshete.

[10]Nguwe ke kunye noonyana bakho nezicaka zakwakho abaza kusebenza kulaa mhlaba wenkosi yakho uSawule, nilimele usapho lwakhe, nilondle ngaloo ndlela. Yena ke uMefibhoshete, umzukulwana wenkosi yakho, wohlala esitya isonka etafileni yam." Wayeneshumi elinesihlanu

[11] Ziba respondeu ao rei: "O teu servo fará tudo o que o rei, meu senhor, ordenou." E o rei acrescentou: "Mefibosete passará a comer à minha mesa como um dos filhos do rei!"

loonyana uZibha, kunye namashumi amabini ezicaka.

[11]UZibha wathi kukumkani: "Isicaka sakho siya kukwenza konke umhlekazi inkosi yam asiyalela isicaka sakhe ukuba sikwenze." Ke uMefibhoshete wayesitya etafileni kaDavide ngokungathi ungomnye woonyana bakakumkani.

[12] E Mefibosete tinha um filho pequeno, chamado Mica. E todos quantos moravam na casa de Ziba eram servos de Mefibosete.

[12]Wayenomntwana oyinkwenkwe uMefibhoshete, ogama linguMika. Bonke abantu ababehlala kwaZibha baba zizicaka zikaMefibhoshete.

[13] Assim Mefibosete, que era deficiente dos dois pés, passou a morar em Jerusalém e todos os dias fazia suas refeições em companhia do rei partilhando da mesma mesa.

[13]Yena uMefibhoshete wayehlala eJerusalem, esitya njalo kwitafile kakumkani. Wayelimele kuzo zombini iinyawo.

2 Samuel 10

Davi derrota os amonitas e os siros

[1] Depois de algum tempo, o rei dos amonitas faleceu, e seu filho Hanum reinou em seu lugar.

[2] Então Davi declarou: "Usarei para com Hanum, filho do rei Naás, da mesma benevolência que teve seu pai para comigo!", e mandou Davi seus servos a Hanum a fim de demonstrar-lhe seus pêsames e solidariedade pela morte de Naás. Entretanto, quando os mensageiros de Davi chegaram à terra dos amonitas,

[3] os príncipes dos amonitas influenciaram o rei questionando: "Pensas que Davi te enviou consoladores em honra à memória de teu pai? Na verdade, ele mandou espiões com o propósito de avaliarem nossa cidade

2 Kasamweli 10

UDavide woyisa ama-Amon

(1 Gan 19:1-19)

[1]Emva koko wafa ukumkani wama-Amon, kwaza ke esikhundleni sakhe kwalawula uHanun unyana wakhe.

[2]Ke uDavide wathi: "Mandimenzele ububele uHanum unyana kaNahashe njengoko wandenzelayo ububele uyise." Wathuma izigidimi ke uDavide ukuba ziye kukhuza ukumkani uHanum ngenxa kayise. Athe ke loo madoda kaDavide akufika kwelama-Amon

[3]izikhulu zama-Amon zathi kuHanun inkosi yazo: "Ucinga ukuba ngaba uDavide lo unika imbeko kuyihlo ngokuthumela la madoda kuwe, esithi eze kukukhuza? Ayikho loo nto! La madoda ngoongcothoza;

e suas defesas, para mais tarde destruir-nos!”

[4] Considerando esse argumento Hanum decidiu prender os mensageiros de Davi, mandou rapar a metade da barba de cada um, cortou a metade de seus trajes até às nádegas, e os despachou de volta a Davi.

[5] Ora, assim que o rei Davi tomou conhecimento do que havia ocorrido, mandou mensageiros ao encontro deles, pois haviam sido profundamente humilhados e lhes mandou comunicar: “Ficai, pois, em Jericó, até que vossa barba volte a crescer, e então retornai!”

[6] Notando os amonitas que sua atitude cheirava mal e que havia provocado ódio em Davi, mandaram contratar vinte mil homens de infantaria dos exércitos sírios de Bete-Reobe e dos sírios de Zobá, mil homens do rei de Maacá e doze mil dos homens de Tobe.

[7] Ao ser informado sobre essas movimentações militares, Davi prontamente mandou Joabe e todo o exército dos guerreiros de Israel contra eles.

[8] Os amonitas saíram e se posicionaram estrategicamente para a batalha à entrada da porta da cidade; mas os sírios de Zobá e de Reobe, e os homens de Tobe e de Maacá, estavam desprovidos de fortaleza e sós em campo aberto.

[9] Quando Joabe viu que estava cercado pela frente e por trás, escolheu alguns dos melhores soldados do exército de Israel e os alinhou contra os sírios;

athunywe nguDavide ukuza kuhlola esi sixeko ukuze akwazi ukusibhukuqa.”

[4]UHanun wasuka wawabamba loo madoda kaDavide, wawagugula iindevu icala elinye, nezambatho zawo wazigumpula embindini kwaya kuthi xhaxhe ezimpundwini, waza ke wawandulula.

[5]Uthe ke uDavide akuxelelwa ngoko kwenzekileyo, wathumela izigidimi, zawahlangabeza loo madoda, kuba kaloku ayehlaziswe gqitha. Ukumkani wathi: “Hlalani eJeriko, ningabuyi de zikhule iindevu.”

[6]Ke kaloku ama-Amon aqonda ukuba amkhubekisile uDavide, aza aya kuqesha amashumi amabini amawaka amadoda omkhosi ahamba ngeenyawo kuma-Aram kwimimandla yaseBhete-rehobhi naseZobha. Kukumkani waseMahaka aqesha iwaka lamadoda, laza ishumi elinambini lamawaka laqeshwa eTobhi.

[7]Akuyiva loo nto uDavide wakhupha uJowabhi nomkhosi wonke wamagorha.

[8]Ama-Amon aphuma akha uhlelo lokulwa ngasesangweni lesixeko. Ama-Aram aseZobha nawaseRehobhi, namadoda aseTobhi naseMaka, athi gingqi odwa phaya ethafeni.

[9]Ke kaloku uJowabhi wabona ukuba uphahlwe ngumkhosi ngaphambili nangasemva. Ngoko ke wakhetha awona mabutho aphambili kwaSirayeli, wawamisa ajongana nama-Aram.

[10] e entregou o restante das tropas a seu irmão Abisai, para que as alinhasse contra os amonitas.

[11] E ordenou-lhes: "Se os sírios forem mais fortes do que eu, tu virás me socorrer; e se os amonitas forem mais fortes do que tu, eu partirei no teu auxílio.

[12] Tem bom ânimo, e sejamos todos corajosos pelo nosso povo e pelas cidades do nosso Deus; e faça o SENHOR o que bem lhe parecer!"

[13] Então Joabe e a tropa que estava sob seu comando avançaram contra os sírios, que fugiram diante deles.

[14] Quando os amonitas viram que os sírios haviam batido em retirada, recuaram também diante de Abisai, e se abrigaram no interior da cidade. Então Joabe voltou da batalha contra os amonitas e foi para Jerusalém.

[15] Constatando que haviam sido vencidos pelo exército de Israel, os sírios trataram de refazer-se e concentrar forças.

[16] Hadadezer mandou convocar os sírios que estavam no outro lado do rio. Eles vieram a Helã, sob a liderança de Sobaque, comandante do exército e Hadadezer.

[17] Ao saber disso, Davi reuniu todos os homens de Israel e, passando o Jordão, foi a Helã; e os sírios tomaram posição de guerra contra Davi e pelejaram contra ele.

[18] Contudo, os sírios fugiram de diante de Israel; e Davi matou setecentos condutores de carros de guerra e quarenta mil soldados

[10]Elinye icandelo lomkhosi walinika umntakwabo uAbhishayi, waza wawahlela loo madoda ajongana nama-Amon.

[11]UJowabhi wathi: "Ukuba athe andongamela ama-Aram la, kofuneka uze kundihlangula; ukanti ke xa ethe akongamela ama-Amon, nam ndoza kukuhlangula.

[12]Uze uqine, silwe ngobukroti, ngenxa yabantu bethu, nangenxa yezixeko zikaThixo. UNdikhoyo uya kwenza oko kukholekileyo kuye."

[13]UJowabhi namabutho akhe bafunza kuwo ama-Aram, aza wona abaleka.

[14]Athe ke ama-Amon akubona ama-Aram ebaleka, asuka nawo abaleka angena ngaphakathi esixekweni, esaba kuAbhishayi umntakwabo-Jowabhi. Ngoko ke uJowabhi wabuya ekulweni nama-Amon, waya eJerusalem nomkhosi wakhe.

[15]Akubona ukuba oyisiwe ngamaSirayeli, ama-Aram aphinda aqokelelana.

[16]Ukumkani uHadadizere wathi makulandwe ama-Aram angaphesheya komlambo iEfrati. Aya kuma eHelam, ekhokelwa nguShobhaki, injengele yomkhosi kakumkani uHadadizere.

[17]Akuva olo daba uDavide wawuqokelela wonke umkhosi wakwaSirayeli, wawela nawo umlambo iJordan, waya kutsho eHelam. Ama-Aram akha uluhlu lokulwa noDavide, zaza zanqoza.

[18]Kambe ke ama-Aram aswantsuliswa ngamaSirayeli, waza uDavide wabulala amakhulu asixhenxe amajoni eenqwelo,

de infantaria dos arameus. Sobaque, general dos exército, também foi ferido e morreu ali mesmo.

19 Quando todos os reis vassalos de Hadadezer viram que tinham sido derrotados pelo exército de Israel, formalizaram um acordo de paz com Israel e submeteram-se ao seu poder e controle. E daquele dia em diante, os sírios não ousaram mais cooperar militarmente com os amonitas.

2 Samuel 11

Davi comete um adultério e um homicídio

1 Na época da primavera, no tempo em que os reis costumavam sair para as batalhas, o rei Davi enviou Joabe, e com ele os seus oficiais e todo o exército de Israel; e eles destruíram os amonitas e sitiaram Rabá. Entretanto, Davi permaneceu em Jerusalém.

2 Um dia, após o almoço, Davi levantou-se depois de ter dormido um pouco, e foi passear no terraço do palácio real. Do terraço avistou uma mulher que banhava-se. E notou que era uma mulher muito bonita.

3 Davi desejou saber quem era aquela mulher. Ao que lhe informaram: “O nome dela é Bat-Shéva, Bate-Seba, filha de Eliã e esposa de Urias, teu servo heteu.

4 Então Davi mandou que a trouxessem para ele, e teve relações sexuais com ela, que havia concluído o tradicional ato de purificação em função do ciclo menstrual. Depois ela retornou para sua casa.

namashumi amane amawaka amajoni akhwela amahashe. Wangxwelerhwa uShobhaki injengele yomkhosi wawo, waza wafa.

19Zonke iikumkani ezaziphantsi kukaHadadizere zathi zakuqonda ukuba ziyoyiswa ngamaSirayeli, zeza zenza uxolo namaSirayeli, zaba ngaphantsi kwawo. Ukususela oko ama-Aram oyika ukuwanceda emfazweni ama-Amon.

2 Kasamweli 11

UDavide noBhashebha

1Kwathi ngentlako-hlaza ngexesha iikumkani zazidla ngokulwa iimfazwe ngalo, uDavide wandulula uJowabhi kunye namaphakathi nawo wonke umkhosi wakwaSirayeli. Bawachitha-chitha ama-Amon, basingqinga nesixeko sawo iRabha. Ke yena uDavide wayeshiyeke eJerusalem.

2Ngamhla uthile, ukujika kwelanga, kwathi uDavide esahamba-hamba kumgangatho ophezu kophahla lwebhotwe, esandula ukuvuka emandlalweni wakhe, wabona umfazi ehlamba umzimba. Yaye iyinzwakazi kanobom leyo.

3Wathumela umntu uDavide, efuna ukuqonda ukuba wayengubani na loo mfazi. Kwathiwa: “NguBhashebha, intombi kaEliyam. Ngumka-Uriya, umfo waseHeti.”

4UDavide ke wathumela izigidimi ukuba zize naye. Waziswa ke kuye, waza yena walala naye. Oku kwenzeka xa loo mfazi wayesandula ukuzihlambulula emva kokuba sexesheni. Emva koko uBhashebha wabuyela emzini wakhe.

[5] Passado algum tempo, a mulher descobriu que havia engravidado e mandou um recado a Davi, contando-lhe: "Eis que estou grávida!"

[5]Wamitha ke loo mfazi, waza wathumela kuDavide esithi: "Ndikhulelwe."

[6] Diante de tal notícia, Davi mandou esta mensagem urgente a Joabe: "Envia-me Urias, o heteu!", e Joabe prontamente mandou Urias à apresentar-se diante do rei Davi.

[6]UDavide usuke wathumela umyalelo kuJowabhi, wathi: "Mthumele kum apha u-Uriya umHeti." Ke uJowabhi wamthumela kuDavide u-Uriya.

[7] Quando Urias chegou, Davi o saudou e lhe indagou se Joabe e o exército estavam bem, e como estava se desenrolando a guerra.

[7]Akufika u-Uriya uDavide wambuza ngempilo kaJowabhi, nempilo yomkhosi, nokuba imfazwe iqhuba njani na.

[8] Depois dispensou Urias e lhe recomendou: "Agora, pois, vai para a tua casa, lava teus pés e procura descansar um pouco!" E, assim que Urias saiu da Casa real, foi-lhe mandado um presente da parte do rei.

[8]Emva koko uDavide uthe ku-Uriya: "Hamba uye endlwini yakho, ukhe uhlambe iinyawo." Waphuma ke u-Uriya komkhulu, kwalandela isipho esivela kukumkani, sasiwa kwakhe.

[9] Contudo, Urias dormiu na entrada do palácio, onde costumavam dormir os guardas do rei, seu senhor. E não foi para casa.

[9]Akazange agoduke yena u-Uriya; wasuka waya kulala phaya ngasesangweni lakomkhulu kunye nezicaka zikakumkani.

[10] Então informaram a Davi: "Urias não foi para casa!" E Davi se apressou a questionar Urias: "Não chegaste de uma viagem? Por qual motivo não foste para tua casa?"

[10]Waxelelwa uDavide kwathiwa: "U-Uriya akayanga emzini wakhe." Waza uDavide wathi ku-Uriya: "Ubuseluhambeni ithuba elide; kutheni ungayanga kulala kwakho nje?"

[11] Urias prontamente respondeu ao Davi: "A Arca da Aliança, o exército de Israel e de Judá repousam em tendas; meu comandante Joabe, ó meu rei, e os oficiais de meu senhor estão acampados ao relento. Como poderia eu ir tranquilamente para casa comer e beber e me deitar com minha mulher? Por tua vida e por tua honra, não cometerei tal deslealdade."

[11]U-Uriya wathi kuDavide: "Ityesi yomnqophiso kunye namadoda omkhosi akwaSirayeli nakwaJuda ahlala ezintenteni, kanti noJowabhi inkosi yam kwakunye namaphakathi akho, mhlekazi, aphaya endle, ube wena usithi mna mandigoduke nditye, ndisele, ndilale nomkam! Uhleli nje, inene, andisokuze ndiyenze into enjalo, mhlekazi."

[12] Diante disso, Davi ordenou a Urias: "Fica ainda hoje aqui, e amanhã te despedirei.

[12]Uthe ke uDavide ku-Uriya: "Sewuhlala ke okwanamhlanje; ndiza kukukhulula

Assim Urias permaneceu em Jerusalém aquele dia todo e a noite seguinte.

uhambe ngomso.” Wahlala ke apho eJerusalem ngaloo mhla u-Uriya, nangomhla olandela lowo.

[13] Davi o convidou a comer e a beber fartamente em sua companhia; e à tarde Urias saiu, mas foi recolher-se na sua maca, onde repousavam os servos de seu senhor, todavia não foi para sua própria casa.

[13]UDavide wammema, waza watya wasela kunye naye, wamnxilisa. Kodwa nangobo busuku akazange agoduke u-Uriya, suka yena waya kulala kwindawo yakhe ngakwizicaka zakomkhulu.

[14] Na manhã seguinte, Davi escreveu uma mensagem a Joabe e a enviou por intermédio do próprio Urias.

[14]Kwakusasa ngengomso uDavide wabhalela uJowabhi incwadi, wayithumela kwangoUriya.

[15] Escreveu Davi em sua missiva: “Coloca Urias no ponto mais letal da batalha e retirem-se, deixando-o só, a fim de que seja ferido pelo inimigo e venha a morrer no campo de luta.”

[15]Udaba lwalusithi: “U-Uriya lowo uze umbeke ngaphambili emsini apho lishushu idabi, nize nihlehle, aze yena angxwelerhwe afe.”

[16] Joabe, que sitiava a cidade inimiga, ordenou que Urias tomasse lugar onde ele sabia estarem os guerreiros mais audazes e violentos.

[16]Kwathi ke ekusingqingeni kwakhe isixeko uJowabhi, wambeka kwelona cala linamagorha u-Uriya.

[17] Os que defendiam a cidade saíram para atacar Joabe, e mataram alguns dos oficiais do exército, isto é, dos servos do rei Davi. E morreu também Urias, o heteu.

[17]Waphuma umkhosi esixekweni, walwa nokaJowabhi. Apho kwawa iqela lamajoni omkhosi kaDavide, wafela apho naye u-Uriya umHeti.

[18] Logo depois deste evento, Joabe mandou entregar a Davi um relatório detalhado sobre a batalha,

[18]Emva koko uJowabhi wathumela ingxelo kuDavide malunga nemfazwe,

[19] e deu ordem ao mensageiro: “Quando tiveres acabado de comunicar ao rei todos os pormenores da batalha,

[19]wasiyalela isigidimi wathi: “Xa ugqibayo ukumbalisela ukumkani ngako konke okwenzeke edabini,

[20] e se o rei se enfurecer e indagar: ‘Por que vos aproximastes tanto da cidade para lutar? Não sabíeis que iriam lançar seus dardos do alto das muralhas?

[20]ngahle abe nomsindo, akubuze athi: ‘Benisondelelani kangaka kwisixeko sotshaba lwethu? Beningaqondi na ukuba zinganidubula ngeentolo zazo zisithele ngodonga?

[21] Ora, quem matou Aviméleh ben Ierubéshet, Abimeleque, filho de

[21]Ngubani na owabulala uAbhimeleki unyana kaJerubhesheti ? Akafanga na

Jerubesete? Não foi uma mulher que jogou sobre ele, do alto do muro, a pedra superior de um moinho, de modo que morreu em Tevetz, Tebez? Por que chegaste tão perto do muro?' Então responderás: "Também morreu teu servo Urias, o heteu."

22 O mensageiro partiu e, assim que chegou, transmitiu a Davi o relatório que trazia conforme tudo quanto Joabe o havia instruído.

23 O mensageiro comunicou a Davi: "Os homens ganharam uma vantagem sobre nós e saíram contra nós ao campo; mas nós os repelimos até a entrada da porta.

24 Então os flecheiros atiraram contra os teus servos do alto das muralhas, e tombaram alguns oficiais do rei; e também morreu o teu servo Urias, o heteu."

25 Então ordenou Davi ao mensageiro: "Assim dirás a Joabe: 'Não te preocupes com esse infortúnio: a espada devora tanto este como aquele; continua, pois, o ataque à cidade e a extermina! Encoraja-o deste modo.'"

26 Assim que a esposa de Urias foi informada sobre a morte de Urias no campo de batalha, muito se lamentou por ele.

27 Passado o tempo do luto, Davi mandou que a trouxessem para o seu palácio: e ela voltou a ser sua mulher e lhe deu um filho. Entretanto, estas más atitudes de Davi entristeceram ao SENHOR.

2 Samuel 12

Natã, o profeta, repreende a Davi

eTebheze ngokugityiselwa ngumfazi ngelitye lokusila, emi ngaphezu kodonga.Benisondelelani kangaka kudonga lwesixeko?' Uze ke uthi: 'Nesicaka sakho u-Uriya umHeti ufile.' "

22Eso sigidimi ke saya kufika kuDavide, safika samxelela wonke loo myalelo kaJowabhi.

23Wenjenje loo mfo ukuthetha noDavide: "Mhlekazi, ziphumile iintshaba zethu esixekweni, saqubisana endle. Zithande ukusigqwesa, kodwa sazibetha zahlehla zaya kungena ngesango esixekweni.

24Zithe xa silapho ngasesangweni zasidubula ngeentolo zimi eludongeni, zawachana amanye amajoni akho, mhlekazi. Ngokunjalo nesicaka sakho u-Uriya umHeti ufile."

25UDavide wathi kwisigidimi eso: "Uze uthi kuJowabhi: 'Uzungavumi ukuba le nto ikutyhafise; kakade ikrele eli lidla kulo nakulowaa. Sihlasele ngamandla isixeko, usichithe.' Uze utsho ke, umomeleze."

26Ke umka-Uriya weva ngokusweleka komyeni wakhe, waza wamzilela.

27Lakudlula ixesha lenzila, uDavide wathi makaye kuthathwa, aze kuhlala ebhotwe, abe ngumkakhe. Wafika apho, wazala umntwana oyinkwenkwe. Kambe ke sona isenzo sikaDavide saba sibi emehlweni kaNdikhoyo.

2 Kasamweli 12

UNatan ukhalimela uDavide

[1] Yahweh enviou seu mensageiro Natã para falar a Davi. Assim que chegou à presença de Davi lhe propôs um dilema: “Numa cidade havia dois homens, um rico e outro pobre.

[2] O rico possuía inúmeras ovelhas e grandes manadas.

[3] Entretanto o pobre nada tinha, senão uma única cordeirinha que havia comprado com muito custo. Ele cuidou dela com carinho, e ela cresceu com ele e com seus filhos. Ela se alimentava em sua companhia, bebia do seu copo e até adormecia em seus braços; e ele a considerava como carne de sua carne.

[4] Certo dia um forasteiro chegou à residência do homem rico; mas este não quis lançar mão de uma de suas próprias ovelhas ou de seus muitos bois a fim de oferecer-lhe uma refeição. Em vez disso, tomou a cordeira que pertencia ao pobre e a serviu ao visitante!”

[5] No mesmo instante Davi se encheu de ira contra aquele forasteiro e afirmou a Natã: “Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR, que o homem que cometeu tamanha impiedade merece a pena de morte!

[6] Antes porém deverá pagar quatro vezes o preço da cordeira, porquanto agiu sem misericórdia!”

[7] Então Natã revelou a Davi: “Esse homem és tu! E assim diz Yahweh, Deus de Israel: ‘Eu te ungi rei de Israel, Eu te salvei das mãos de Saul,

[8] Eu te dei o palácio e as mulheres do teu senhor, eu te dei a Casa de Israel e de Judá,

[1]Ke kaloku uNdikhoyo wathumela uNatan kuDavide. Efikile kuDavide uNatan wathi: “Mhlekazi, kwakha kwakho abafo ababini dolophini ithile. Omnye umfo wayesisityebi, omnye elihlwempu.

[2]Isityebi eso sasifuye iinkomo neegusha ezininzi.

[3]Ihlwempu lona lalingenanto ngaphandle nje kwetakane legusha elalilithengile. Walifuyela kwakhe lo mfo elo takane, londleka, likhulela phakathi kwabantwana bakhe. Wayelifunza kokwakhe ukutya, aliseze ngendebe yakhe, alisingathe. Lalifana nqwa nentombi yakhe kuye.

[4]Ngamini ithile laa mfo usisityebi wafikelwa lundwendwe. Ngenxa yomunyu lo mfo akazange athande kulihlinzela undwendwe kweyakhe imfuyo. Usuke waya kuthatha elaa takane lomfo olihlwempu, wenzela undwendwe lwakhe ngalo isidlo.”

[5]UDavide wavutha ngumsindo ngakuloo ndoda akuyiva loo nto, waqokela wenjenje, ebhekisa kuNatan: “Ehleni nje uNdikhoyo, inene, loo mntu wenze into enjalo ufanelwe kukufa;

[6]yaye ufanelwe kukuhlawuliswa ixabiso lelo takane ngokuphindwe kane, ngenxa yokuba enze ulunya olunje engenalo novelwano.”

[7]Ke uNatan wathi kuDavide: “Loo ndoda nguwe! Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: ‘Ndakuthambisa, ndakwenza ukumkani wamaSirayeli, ndakuhlangula esandleni sikaSawule.

[8]Ndakunika umzi wenkosi yakho, abafazi bayo ndabanikela esifubeni sakho, ndakwenza ukumkani wakwaSirayeli

e se isso não fosse suficiente, Eu haveria acrescentado muito mais!

9 Sendo assim, por que desprezaste a Palavra de Yahweh, fazendo o que Eu reprovo? Tu mataste ao fio da espada o teu servo Urias, o heteu, e tomaste para teu prazer a esposa dele; sim tu mesmo o mataste por meio das armas dos amonitas e ficaste com a mulher dele.

10 Portanto, agora a espada jamais se apartará da tua casa, porquanto desobedeceste a minha Palavra e tomaste a mulher de Urias, o heteu, para que ela se tornasse tua mulher.'

11 Assim diz Yahweh: 'Na tua própria casa farei surgir a desgraça contra ti. Tomarei as tuas mulheres, debaixo dos teus olhos, e as darei ao teu próximo, que se deitará com as suas mulheres à luz deste sol.

12 Tu agiste às ocultas, mas eu cumprirei tudo o que hoje vos anuncio perante a face de todo o Israel e à plena luz do dia!"

13 Davi confessou a Natã: "Pequei contra Yahweh!" Então Natã afirmou a Natã: "Por sua parte, Yahweh perdoa o teu pecado: não morrerás!

14 Mas, por teres ultrajado a Yahweh mediante tua atitude, o filho que tiveste morrerá!"

15 E Natã se despediu de Davi e foi para casa. Depois o SENHOR feriu o menino que a mulher de Urias dera a Davi, e a criança adoeceu gravemente.

nakwaJuda. Kanti ke ukuba bezinganelanga ezo zinto ndakwenzela zona, bendingakongezayo.

9Khawutsho, ngani ukuba ulidele ilizwi likaNdikhoyo, khon' ukuze wenze okubi emehlweni akhe? U-Uriya umHeti umbulele ngekrele, wathatha umkakhe, wamenza umkakho. Ewe, umbulalise ngekrele lama-Amon.

10Kungokunje ikrele alisobe liphele ukudla kulo mzi wakho, kuba undidelile wada wathatha nomka-Uriya umHeti wamenza umfazi wakho.'

11Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: 'Ndiza kukuvusela isihelegu sento kwalapha phakathi komzi wakho. Abafazi bakho ndiza kubanikela kosondeleyo kuwe, alale nabo kujongiwe, ilanga lihlabe umhlaba.

12Le nto ubuyenza ngasese wena, mna ndifuna yenziwe emini, ibonwa ngamaSirayeli onke.' "

13Ke uDavide wathi kuNatan: "Ewe, ndonile kuNdikhoyo." Uthe kuDavide uNatan: "UNdikhoyo usisusile isono sakho. Akuzi kufa.

14Kodwa ke, ngenxa yokuba iintshaba zikaNdikhoyo uzinike ithuba lokunyelisa ngenxa yale nto uyenzileyo, loo mntwana wakho uza kufa."

15Emva koko ke usuke wahamba uNatan, wagoduka.

Ukubhubha komntwana kaDavide

UNdikhoyo wamfaka isifo umntwana owamfumana ngomka-Uriya uDavide, wagula kakhulu.

[16] Davi buscou a Deus em favor de seu filho, observou rigoroso jejum e, recolhendo-se, passou a noite toda prostrado no chão.
[17] Então os anciãos, oficiais de Davi no palácio, se colocaram ao lado dele a fim de encorajá-lo a erguer-se no chão; mas ele não quis e também recusou qualquer alimento.

[18] No sétimo dia, contudo, o menino morreu. Os anciãos de Davi tinham receio de lhe dar a notícia de que a criança havia falecido. Comentavam: "Quando o menino estava vivo, nós lhe aconselhamos e ele não nos atendeu. Como podemos agora dizer-lhe que a criança morreu? Ele poderá cometer alguma insensatez!"

[19] Mas Davi notou que seus oficiais cochichavam entre si e compreendeu que seu filho estava morto. Indagou-lhes Davi: "O menino morreu?", diante do que eles afirmaram: "Sim, senhor."
[20] Então imediatamente Davi se levantou do chão, lavou-se, pôs perfume e mudou as vestes. Depois entrou no santuário de Yahweh e se prostrou. Retornou para casa, mandou que lhe servissem a refeição e comeu.
[21] Seus anciãos e conselheiros lhe perguntaram: "Por qual motivo ages desta maneira? Enquanto a criança estava viva, jejuaste e pranteaste; mas, agora que o menino está morto, te ergueste com vitalidade e vieste comer!"

[22] Então ele respondeu: "Enquanto meu filho vivia, jejuei e muito lamentei, porquanto afirmava: 'Quem sabe Yahweh

[16]UDavide usuke wacela ukuba amphilise uThixo, wazila ukutya, wangena endlwini, waqungqaluza emhlabeni bonke ubusuku.
[17]Amadoda amakhulu endlu yakhe aya kuye, efuna ukumvusa kuloo ndawo wayelele kuyo, suka akavuma yena, akafuna nokutya oku kunye nawo.
[18]Wasweleka loo mntwana ngosuku lwesixhenxe, zoyika ukumxelela izicaka zakhe ukuba loo mntwana akasekho, zatsho zisithi: "Singamxelela njani sithi: 'Umntwana ufile'? Asinguye kanene lo ubengafuni nokuthetha oku nathi engekabhubhi nokubhubha lo mntwana? He bethu, akangesuke enze into embi efile nje umntwana?"
[19]Kodwa kuthe akuzibona zisebezelana izicaka, warhana uDavide ukuba lubhubhile olo sana. Uzibuzile ke wathi: "Kwenzeke ntoni? Ufile na umntwana?" "Ewe, mhlekazi, ubhubhile," zitshilo izicaka.
[20]Wavuka ke emhlabeni uDavide, wahlamba. Wathambisa, wanxiba ezinye izambatho, waya kungena endlwini kaNdikhoyo, wanqula. Usuke apho waya endlwini yakhe, wafika wacela into etyiwayo, watya akuba elungiselelwe.

[21]Izicaka zakhe zathi: "Mhlekazi, noko ke le uyenzayo asisayiqondi. Ube uzilile, ulila, uyenza loo nto usana lungekabhubhi. Ngoku luswelekileyo usana uyavuka utye nokutya!"

[22]Uphendule wathi: "Ewe, bendizila, ndilila ngokuya belusahleli usana, kuba bendisithi: 'Ngubani owaziyo? Mhlawumbi uNdikhoyo angandenzela inceba, luphile olo sana.'

venha a se compadecer de mim e permitirá que a criança viva.

[23] Mas agora que o menino está morto, por que jejuarei? Poderei fazê-lo voltar à vida? Jamais! Eu, sim, é que irei para onde ele está, mas ele não voltará para mim!”

[24] Então Davi consolou sua esposa Bate-Seba e havendo tido relações sexuais com ela, Bate-Seba gerou um menino, a quem Davi decidiu dar o nome deShelomo, Salomão. E o SENHOR muito o amou.

[25] E, por isso, ordenou ao profeta Natã que enviasse uma mensagem a Davi. E Natã passou a chamar o menino de Iedidiá, Jedidias, Amado do Eterno.

Davi conquista Rabá

[26] Entrementes, Joabe seguiu atacando Rabá, a capital da nação dos amonitas e conquistou a fortaleza real.

[27] Concluída essa ação militar, Joabe enviou homens de confiança com a missão de entregar a seguinte mensagem a Davi: “Guerreei contra Rabá e já tomei controle total de seus reservatórios de água!

[28] Agora, pois, convoca o restante das tropas, cerca a cidade e conquista-a, a fim de que teu nome passe para a história e as honras da posse não sejam dadas a minha pessoa.

[29] Então Davi reuniu todas as tropas e marchou para Rabá; lutou contra ela a batalha final e a conquistou.

[30] Em seguida, tirou a coroa da cabeça de Moleque, rei dos filhos de Amom, e esta, em ouro maciço, pesava cerca de trinta e cinco quilos, isto é, um talento; toda ornamentada

[23]Ngoku ke usana lubhubhile; ke ndiza kuba sazilela ntoni ndingenakuluvusa nje? Ndim oza kuya apho lukhoyo; lona alunakuze luze kum.”

Ukuvela kukaSolomon

[24]Emva koko uDavide waya kuthuthuzela umkakhe uBhashebha, walala naye. Wazala umntwana oyinkwenkwe, wathi igama lakhe nguSolomon. Wayithanda loo nkwenkwana uNdikhoyo,

[25]waza wathumela umshumayeli uNatan ukuba aye kuthi igama layo nguYedidiya ngenxa yokuthandwa kwayo nguNdikhoyo.

Ukuthinjwa kweRabha nguDavide

(1 Gan 20:1-3)

[26]Ke kaloku uJowabhi wahlasela iRabha, ikomkhulu lama-Amon, wathimba umzi wakomkhulu.

[27]Emva koko uthumele izigidimi ukuba ziye kwazisa uDavide zithi: “Ndiyihlasele iRabha, ndawathimba namadama ayo anqatyisiweyo.

[28]Ngoku ke ukumkani kufuneka ahlanganise umkhosi, aze kusithatha isixeko, hleze ibe ndim osithimbayo, sibe sesam.”

[29]Wathatha wonke umkhosi wakhe ke uDavide, waya eRabha, wayihlasela, wayithimba.

[30]UDavide wasothula isithsaba esasisentloko yokumkani wama-Amon. Sasibunzima bumalunga namashumi amathathu anantlanu eekhilogram, senziwe

com pedras preciosas. E ela foi colocada sobre a cabeça do rei Davi. Levou também Davi de Rabá grande quantidade de bens como espólio de guerra.

31 Quanto à população de Rabá, ele os trouxe e os pôs a trabalhar com serras, enxadas e machados de ferro, e em fornos de tijolos; e assim agiu para com todas as cidades dos filhos de Amom. Logo depois Davi voltou com todas as suas tropas para Jerusalém.

2 Samuel 13

Amnom ama a Tamar e comete incesto

1 Avshalom, Absalão, filho de Davi, tinha uma irmã muito bonita, que se chamava Tamar. Depois de algum tempo, um outro filho de Davi, chamado Amnom, apaixonou-se fortemente por ela.

2 Amnom a desejou ao ponto de adoecer de tanta opressão. Afinal, Tamar era sua meia-irmã e uma jovem virgem; portanto, pelas leis, impossível de aproximar-se dela como namorado, muito menos para possuí-la.

3 Mas Amnom tinha um amigo chamado Jonadabe, filho de Simeia, irmão de Davi. Jonadabe era muito sagaz.

4 Este lhe indagou: "Que acontece contigo, filho do rei, que cada manhã estás mais abatido? Não queres me contar o que há em teu coração?" Então Amnom lhe revelou: "É que eu amo Tamar, a irmã de meu irmão Absalão!"

5 Então Jonadabe lhe aconselhou: "Deita-te na tua cama e finge estar muito doente; quando teu pai vier te visitar, diz-lhe: 'Rogo-

ngegolide, sihonjiswe ngamatye axabisekileyo. Wasithweswa eso sithsaba uDavide. Wathatha amaxhoba amaninzi kweso sixeko,

31abemi balapho wabathatha wabafaka emsebenzini wokusarha, nowokumba, nokucanda, abanye besebenza kumaziko okwenza izitena. Wenjenjalo ke nakwabanye abemi bezixeko zama-Amon. Emva koko uDavide wabuyela eJerusalem kunye nomkhosi wakhe wonke.

2 Kasamweli 13

UAmnon noTamare

1Ke kaloku uDavide wayenonyana ogama linguAbhasalom, odade wabo yayinguTamare owayeyinzwakazi. Omnye woonyana bakaDavide ogama linguAmnon, usuke wayithanda le nzwakazi.

2Wahlupheka uAmnon ngangokude agule ngenxa yodade wabo uTamare, kodwa kwakungekho nto anokuyenza kuye, kuba wayeyintombi engazani nandoda.

3Phofu kwakukho mfo owayevana noAmnon, owayenguYonadabhi igama; wayengunyana kaShama ongumntakwabo-Davide. UYonadabhi lo wayengumfo onamacebo.

4UYonadabhi wathi kuAmnon: "Ungunyana kakumkani, kodwa imihla nezolo akukhululekanga; khawutsho, kwenzeke ntoni?" "Hayi, ndifuna uTamare, lo ungudade bomntakwethu uAbhasalom," utshilo uAmnon.

5UYonadabhi wathi kuye: "Zenze umntu ongaphilanga, uye kulala. Uze uthi, akufika uyihlo eze kukubona, uthi kuye: 'Nceda

te que minha irmã Tamar venha me servir algo para comer, mas que prepare o alimento na minha presença, a fim de que eu possa também conversar um pouco com ela e coma da sua mão!'

uthumele udade wethu uTamare, eze kundonga. Ndifuna aze kundilungiselela ukutya apha phambi kwam, andityise ngesakhe isandla.' "

6 Amnom gostou da ideia e logo em seguida deitou-se e fingiu-se doente. O rei veio vê-lo, e Amnom disse ao rei: "Concede que minha irmã Tamar venha e prepare aqui mesmo dois bolos, para que eu fale com ela e coma da sua mão."

6Wazenza ogulayo ke uAmnon, waya kulala. Ukumkani waya kumvelela uAmnon, waza yena wathi kukumkani: "Bawo, ndicela uthumele uTamare udade wethu eze kundenzela amaqebengwane amabini ndijongile, andityise ngesakhe isandla."

7 Davi mandou uma mensagem a Tamar no palácio: "Vá à casa de teu irmão Amnom e prepare algo para que ele se alimente."

7UDavide ke wathumela kuTamare ebhotwe esithi: "Khawuye endlwini yomnakwenu uAmnon, umenzele into etyiwayo."

8 Tamar foi à casa de seu irmão Amnom, e ele estava deitado. Ela pegou e amassou a farinha, fez os bolos e os assou na presença dele.

8Waya ke uTamare endlwini ka-Amnon umntakwabo, wafika esemandlalweni. Wathatha umgubo waxova, wenza amaqebengwana ejongiwe nguAmnon,

9 Pegou a forma e tirou os bolos diante dele, entretanto, ele se recusou a comer. Então Amnom ordenou: "Manda embora toda essa gente para longe de mim!" E, imediatamente, todos saíram dos seus aposentos.

9wawakhupha epanini, wabeka phambi koAmnon, kodwa akatya. Uvakele uAmnon esithi: "Khupha wonke umntu okule ndlu!" Baphuma bonke abo bantu kuloo ndlu.

10 Então Amnom pediu a Tamar: "Traze o prato com os bolos até meu quarto para que eu possa me alimentar da tua mão!" Prontamente Tamar levou os bolos que havia assado ao quarto de seu irmão.

10Uthe kuTamare uAmnon: "Zisa loo maqebengwana apha egumbini lam lokulala, undityise ngesakho isandla." Wawathatha loo maqebengwana awenzileyo uTamare, wawasa kumntakwabo uAmnon egumbini lakhe lokulala.

11 Todavia, quando ela se aproximou para começar a servir-lhe o alimento na boca, ele a agarrou e rogou-lhe: "Deita-te comigo minha irmã!"

11Kuthe esamnika ukuba atye, wamthi hlasi, wathi: "Yiza silale, dade wethu."

[12] Diante do que ela reagiu exclamando: “Não, meu irmão! Não me forces, porque não se procede assim em Israel, não cometas essa loucura e infâmia!

[12]UTamare wathi kuye: “Hayi, mnakwethu, musa ukundinyanzela; ayenziwa into enje kwaSirayeli. Musukulenza eli nyala!

[13] Aonde iria esconder-me por causa de tamanha desonra? E tu serias como um infame e cairia em desgraça perante todo o povo de Israel! No entanto, fala ao rei, e ele haverá de permitir que eu me case contigo!”

[13]Khona, mna ndoba yintoni lihlazo lam? Wena kungathiwa usesona sithwangathwanga sakha sakho kwaSirayeli. Ndiyacela ke, thetha nokumkani. Ndiqinisekile uya kuvuma ukundendisela kuwe.”

[14] Mas Amnom, não quis lhe dar ouvidos; dominou-a e com violência forçou-a a ter relações sexuais com ele.

[14]Kodwa akazange afune ukuva uAmnon, waza wamnyanzela, walala naye, kuba wayenamandla kunaye.

[15] Logo em seguida, entretanto, Amnom sentiu uma forte rejeição por ela, muito mais intensa do que paixão que alimentara em seu interior há tempos. E lhe ordenou: “Levanta-te! Vai-te embora depressa!”

[15]Emva koko uAmnon wamcaphukela uTamare ngentiyokazi eyaba ngaphezu kothando abenalo kuye ngaphambili. Uvakele selesithi kuye: “Hamba; phum' apha!”

[16] Contudo, ela lhe replicou: “Não, meu irmão, expulsar-me será ainda pior do que o mal que já me fizeste!” Entretanto, novamente, ele não quis atendê-la.

[16]“Hayi, andiphumi,” utshilo uTamare. “Yhu, eli hlazo lokundigxotha lingaphezu koqale wandenza lona.” Akayihoyanga yonke loo nto uAmnon,

[17] Gritou pelo criado e ordenou-lhe: “Livra-me desta mulher! Põe-na fora daqui imediatamente e tranque a porta!”

[17]usuke wabiza isicaka sakhe, wathi: “Khupha le ntombazana, imke apha, uze utshixe wakugqiba.”

[18] Prontamente o servo a pôs para fora e fechou a porta. Ela trajava uma túnica especial, longa e colorida, um tipo tradicional de roupa que as filhas virgens dos reis costumavam usar desde a puberdade.

[18]Isicaka samkhupha uTamare, saza satshixa ucango. UTamare wayenxibe isambatho eside esinemikhono emide. Kaloku eso sasisinxibo seentombi ezizalwa komkhulu ngaloo mihla.

[19] Assim que Tamar saiu da casa de Amnom, apanhou cinza com o pó da terra e jogou sobre a cabeça, rasgou sua túnica que estava vestindo e se pôs a caminho, com as mãos sobre a cabeça, chorando em desespero e alta voz.

[19]Wazigalela ngothuthu entloko uTamare, wasikrazula eso sambatho sakhe side, wathwala izandla entloko, wasitsho isikhalo, ebheka ngakowabo.

[20] Assim que Absalão, seu irmão, a viu lhe perguntou: “Teu irmão, Amnom, te ofendeu de alguma maneira? Ora, minha irmã, acalma-te e não lamentes desta maneira; afinal, ele é teu irmão! Cala-te e não te angusties tanto assim!” E Tamar, arrasada, ficou sozinha na casa do seu irmão Absalão.

[21] Logo que o rei Davi tomou conhecimento de toda essa história, ficou profundamente indignado, todavia, não quis castigar o seu filho Amnom, porquanto o amava muito por ser o seu primogênito.

[22] Quanto a Absalão, não falou mais com Amnom, porque Absalão estava revoltado, e grande quantidade ódio fermentava em seu coração contra ele, por causa da violência covarde e humilhante que fizera contra sua irmã Tamar.

Absalão mata Amnom

[23] Passaram-se dois anos depois deste desonroso evento. E os tosquiadores de ovelhas de Absalão estava em Baal-Hazor, perto da fronteira de Efraim. Absalão convidou todos os filhos do rei para se reunirem com ele.

[24] Absalão veio à presença do rei e o convidou: “Eu, teu servo, estou tosquiando ovelhas e gostaria que o rei e os seus anciãos e conselheiros se dignem aceitar este convite para irem até lá estar comigo e meus amigos!”

[25] Então ponderou-lhe o rei: “Não, meu filho. Não devemos ir todos juntos a fim de não te gerarmos uma pesada despesa.” Embora Absalão insistisse no convite a todos, o rei se recusou a ir, mas agradeceu muito e o abençoou.

[20]Uvele kweso sithuba umnakwabo uAbhasalom, wathi: “Ukudlwengule umnakwenu uAmnon? Hayi, dade, musa ukuzikhathaza ngale nto. Ligazi lakho kaloku uAmnon; uze ungamxhibi.” Waya kuhlala kwamnakwabo uAbhasalom uTamare, ephila ubomi belolo.

[21]Wavutha ngumsindo ukumkani uDavide zakufika kuye ezo ndaba.

[22]Yena uAbhasalom wamthiya uAmnon ngenxa yokudlwengula udade wabo, kangangokuba akazange aphinde afune nokuthetha oku naye.

UAbhasalom uyaphindezela

[23]Emva kweminyaka emibini uAbhasalom waba netheko lokuhlinzeka abachebi bakwakhe. Wayelenzela eBhali-hazore engasemdeni welakwaEfrayim. Wayememele bonke oonyana bakakumkani kwelo theko.

[24]Usuke waya kukumkani uDavide uAbhasalom, wafika wathi: “Mhlekazi, kuyachetywa phaya kwam, ke bendinqwenela ukuba umhlekazi namaphakathi akhe babekho kwitheko eliza kwenziwa.”

[25]Ukumkani wathi kuAbhasalom: “Hayi, mfo wam, masingayi sonke, hleze wonganyelwe ngumsebenzi xa silapho sonke.” Waba ngacenga uAbhasalom, akavuma uDavide. Ndaweni yaloo nto suka wamndulula ngokumthamsanqela.

[26] Absalão rogou-lhe então: “Permite, ao menos, que meu irmão Amnom esteja conosco?” Ao que o rei questionou: “Mas por que iria ele contigo?”

[27] No entanto, Absalão explicou que fazia questão da reunião fraternal, e o rei acabou por consentir que Amnom e seus outros filhos partissem em sua companhia.

[28] Absalão ordenou aos seus homens: “Prestai atenção! Quando o coração de Amnom estiver alegre por causa do vinho e eu vos ordenar: ‘Feri Amnom!’, então imediatamente o matareis. Não tenhais medo! Ora, não sou eu quem vos estou ordenando fazê-lo? A responsabilidade é toda minha. Tende coragem e não vacileis!”

[29] Os servos de Absalão cumpriram exatamente as suas ordens e mataram Amnom. Então todos os demais filhos do rei montaram em suas mulas e fugiram.

[30] Estando eles ainda a caminho, este rumor chegou aos ouvidos do rei Davi: “Absalão matou todos os filhos do rei, nenhum sobreviveu à sua ira!”

[31] O rei se levantou, rasgou as suas vestes e se lançou por terra. Do mesmo modo, os seus anciãos e oficiais, mantendo-se de pé, rasgaram as suas vestes.

[32] Mas Jonadabe, filho de Simeia, irmão de Davi, esclareceu o ocorrido: “Não acrediteis o meu senhor que todos os jovens filhos do rei morreram, porquanto somente Amnom está, de fato, morto! Absalão prometeu vingar-se de morte desde o dia em que Amnom ultrajou a sua irmã Tamar.

[26]Ke uAbhasalom wathi: “Xa ungavumiyo wena, bawo, umntakwethu uAmnon ngewumkhulula yena ahambe nathi.” Ukumkani wathi kuye: “Ahambele ntoni nawe?”

[27]Wacenga uAbhasalom, wada wavuma uDavide ukukhulula uAmnon ahambe noonyana bonke bakakumkani.

[28]UAbhasalom wafika wayalela izicaka zakhe ngelithi: “UAmnon lo nize nimqaphele, nimbone ukuba seleyobile yiwayini, nimgwaze afe ndakutsho kuni ukuthi: ‘Mbulaleni uAmnon!’ Ze ningoyiki, kutsho mna, niyeva! Ze niqine, nikhaliphe.”

[29]Hayi ke, izicaka zika-Abhasalom zenza ngokomyalelo wenkosi yazo uAbhasalom. Bonke oonyana bakakumkani bathi khwasu bakhwela iimbongolo zabo, babaleka.

[30]Zafika kuDavide besesendleleni egodukayo ezo ndaba zithi: “UAbhasalom ubabulele bonke oonyana bakakumkani, akwasala noba abe mnye.”

[31]Ukumkani wathi khwasu kwangoko, wakrazula izambatho zakhe, waqungquluza emhlabeni. Amaphakathi akhe onke nawo azikrazula ezawo izambatho emi ngakuye.

[32]Kwesi sithuba kuvele uYonadabhi unyana kaShama umntakwabo-Davide, wathi: “Umhlekazi makangeva kusithiwa babulewe bonke oonyana bakhe; kufe uAmnon yedwa. Loo nto yenzeka kuba uAbhasalom wagqiba kwangalaa mhla uAmnon wadlwengula udade wabo ukuba uya kuze ambulale.

[33] Agora, pois, o senhor meu rei não fiques com seu coração pesaroso, pensando na morte de todos os filhos do rei. Não é verdade! Apenas Amnom está morto."

[34] Enquanto isso, Absalão fugiu. Enquanto se desenrolavam todos esses fatos, o soldado que fica de sentinela observou muita gente que vinha pela estrada de Horonaim, descendo pela encosta da colina."

[35] E Jonadabe alertou Davi: "São os filhos do rei! Eis que realmente aconteceu como teu servo disse!"

[36] Assim que acabara de dar a notícia a Davi, os filhos do rei chegaram, pranteando em alta voz. E o próprio rei e seus servos e conselheiros, todos choravam copiosamente.

Absalão foge para Talmai e, depois, volta para Jerusalém

[37] Absalão fugiu para as terras de Talmai, filho de Amiúde, rei de Gesur. E o rei Davi muito lamentava por seu filho todos os dias.

[38] Depois que Absalão refugiou-se em Gesur e lá permaneceu três anos,

[39] a revolta do rei contra Absalão abrandou-se e deu lugar à saudade, porquanto seu coração já se sentia consolado da morte de seu filho Amnom.

2 Samuel 14

[1] Ioav ben Tseruiá, Joabe, filho de Zeruia, observando que o rei sentia muito a falta de Absalão.

[33]Ngoko ke umhlekazi makangazihluphi ngokucinga okokuba oonyana bakhe bafe bonke. Hayi, nguAmnon yedwa lo ufileyo."

[34]Ke yena uAbhasalom wabaleka wabhaca. Ke umlindi wabona ihlokondiba labantu lisihla intaba, lihamba ngendlela evela eHoronayim.

[35]Waza uYonadabhi wathi kukumkani: "Khangela, nabaya besiza oonyana bakakumkani. Kunjengoko besitshilo isicaka sakho."

[36]Uthe esakhova nje ukuthetha, bagaleleka oonyana bakakumkani, basitsho isikhalo. Wangenelela ukumkani, amaphakathi nawo angenelela, bonke batsho ngesikrakra.

[37]UAbhasalom wabalekela kuTalmayi, unyana ka-Amihudi, owayengukumkani waseGeshuri. UDavide wamzilela mihla le uAmnon unyana wakhe.

[38]Ke yena uAbhasalom owayebalekele eGeshuri wahlala apho iminyaka emithathu.

[39]Sakudlula isithukuthezi sokufelwa ngunyana wakhe uAmnon, ukumkani uDavide wanqwenela ukuya kumbona unyana wakhe uAbhasalom.

2 Kasamweli 14

UJowabhi uphuthuma uAbhasalom

[1]Kwesi sithuba uJowabhi unyana kaZeruya waphawula ukuba ukumkani uDavide wayeselenxubile kukukhumbula uAbhasalom.

[2] Então Joabe mandou buscar na cidade de Tecoa uma mulher astuta e lhe propôs: “Peço-te isto: que finjas estar de luto, vista roupa fúnebre, não te perfumes, como se fosses uma mulher que, depois de muitos dias, continua a sofrer e lamentar a morte de uma pessoa querida.

[2]Wathumela abantu eTokowa, ukuya kulanda khona mfazi uthile wayeliqhajazana elilumkileyo. Akuba efikile wathi kuye uJowabhi: “Ndifuna uzenze umntu ozilileyo, unxibe iimpahla zokuzila, ungathambisi, ube ngathi kudala wafelwayo,

[3] Irás à casa do rei e lhe comunicarás este sentimento e as palavras que te disser!” E Joabe passou a lhe dizer todo o discurso que devia apresentar ao rei.

[3]uze uye kukumkani, ufike umxelele le nto ndifuna uyithethe kuye.” Watsho emnika amazwi amakawathethe kukumkani.

[4] A mulher de Tecoa foi, pois, ter com o rei, caiu com o rosto em terra e se prostrou, e exclamou: “Salva-me ó rei!”

[4]Waya ke kukumkani loo mfazi waseTekowa, wafika wawa ngamadolo, ekhahlela, wathi: “Ndincede, mhlekazi!”

[5] O rei lhe indagou: “Que tens?” E ela respondeu: “Pobre de mim! Eu sou viúva. Meu marido morreu,

[5]Ukumkani wathi kuye: “Ngaba ukhathazwa yintoni?” Uthe ukuphendula loo mfazi: “Mhlekazi, ndingumhlolokazi; ndibhujelwe yindoda.

[6] e a tua serva tinha dois filhos. Eles brigaram no campo, não havia ninguém para os separar, e um acabou matando o outro.

[6]Yaye bendinoonyana ababini. Ngenye imini baxabana besemadlelweni, kwathi ngenxa yokuba kwakungekho mlamli, balwa wabethwa wafa omnye unyana wam.

[7] Agora, todo o clã levantou-se contra a tua serva, exigindo: ‘Entrega-nos o fratricida, para que o executemos como preço da vida do seu próprio irmão, que ele assassinou, a fim de que assim nos livraremos também do herdeiro. E deste modo eles apagarão a última centelha que me restou, deixando meu marido sem nome nem descendência sobre a face da terra!”

[7]Ngoku ke, mhlekazi, abantu basemzini wam bonke bandivukele besithi: ‘Mnikezele lo ubulele umntakwabo, khon' ukuze sibuyekeze ukufa komntakwabo lo ambuleleyo, kungabi sabakho ndlalifa.’ Ewe, bafuna ukuyicima igama impunde ebesendijonge ukuba yiyo eya kuvusa igama likayise, ivuse nomzi wakowayo.”

[8] Então garantiu o rei à mulher: “Vai para a tua casa, e eu mesmo darei ordens acerca do teu problema!”

[8]“Kulungile, ungagoduka, ndiza kunika umyalelo ngokubhekiselele kuwo lo mcimbi,” utshilo ukumkani kuloo mfazi.

[9] A mulher de Tecoa declarou ao rei: “Senhor, meu rei! Caia sobre mim e sobre a

[9]“Mhlekazi, nkosi yam, mayibe ndim kunye nabantu bakowethu abathwele ityala ngale nto; yena ukumkani kunye nolawulo lwakhe

minha família a falta cometida; o rei e seu trono são inocentes!”

10 Afirmou-lhe o rei: “Traze-me quem te ameaçou, e ele nunca mais te fará mal!”

11 Replicou ela: “Lembra-te, ó rei, de Yahweh teu Deus, a fim de que o vingador do sangue não aumente a desgraça e não faça o meu filho perecer!” Então o rei prometeu à mulher: “Tão certo como Yahweh vive, não cairá no chão nem um só cabelo da cabeça do teu filho!”

12 Então a mulher acrescentou: “Meu senhor! Que seja permitido à tua serva dizer mais uma palavra ao rei!” Ao que ele prontamente respondeu: “Fala.”

13 Então a mulher disse: “Ao pronunciar tal sentença, o rei se torna culpado, pois, por que terá o rei agido contra o povo de Deus? Ò rei, o senhor não permitiu que o teu próprio filho retornasse de terras estrangeiras; assim, com o que acabou de proferir, condenou a si mesmo.

14 Todos nós conheceremos a morte; somos como água derramada sobre o chão, que não pode ser juntada de novo. Mesmo Deus não tira a vida, mas provê meios para que a pessoa que foi banida seja plenamente restaurada.

15 E, se eu agora resolvi trazer essa palavra à presença do rei meu senhor, é porque o povo me ameaçou; pois a tua serva pensava: “Comunicarei o ocorrido ao rei e ele fará conforme a petição da sua serva.

16 Portanto, que o rei me ouça e livre a sua serva da mão do homem que procura

makabe msulwa,” uqokele watsho loo mfazi waseTekowa.

10Ukumkani wathi: “Umntu ophinde wakuthethisa uze uze naye apha kum; akasobe aphinde akuthi cha kwakhona.”

11Umfazi lowo wathi: “Nceda, mhlekazi, uthandaze kuNdikhoyo uThixo wakho ukuba abaphindezeli bangambulali umntwana wam, ndize ndisale ndingenanyana.” Yena wathi: “Ehleli nje uNdikhoyo, akukho bani uya kumthi cha nakancinane unyana wakho!”

12Umfazi wathi: “Mhlekazi, nceda usivumele isicakakazi sakho, sibe nelizwi esilibhekisa kuwe.” “Ewe, thetha,” utshilo ukumkani.

13Wathi ke loo mfazi: “Ke, mhlekazi, uyenzeleni into efana nale kangaka kubantu bakaThixo? Kaloku, mhlekazi, uzigweba ngokwakho ngale ntetho yakho, kuba kwawena akuvumi abuyele ekhaya unyana wakho obhacileyo.

14Sonke simelwe kukufa, siphalale njengamanzi angenakubuya akhiwe. Kambe uThixo akawucimi umphefumlo, koko wenza icebo lokuba obhacileyo ambuyise.

15Into endizise kuwe, mhlekazi, ngabantu abandisongelayo; ndiziswe lithemba lokuba uya kundenzela loo nto ndiyicelayo kuwe.

16Bendisazi ukuba uya kundiva, mhlekazi, undihlangule kunye nomntwana wam kubantu abafuna ukusicima singabikho

exterminar tanto a mim como a meu filho da herança que Deus nos deu.

phakathi kwabantu abemi kumhlaba abawunikwa nguThixo ukuze ube lilifa lethu.

[17] E agora a tua serva afirma: Traga-me descanso a decisão do rei, o meu senhor, porquanto o rei, meu senhor, é como um anjo de Deus, capaz de discernir entre o bem e o mal. Que Yahweh, o teu Deus, esteja contigo!"

[17]"Bendisazi ukuba uya kuthetha nje kutsho kuphele amaxhala kum, kuba wena, mhlekazi, uyakwazi ukwahlula okuhle kokubi kanye njengesithunywa sikaThixo. Wanga ke uNdikhoyo uThixo wakho angaba nawe."

[18] Então o rei declarou a mulher: "Não me escondas a verdade do que vou lhe questionar!" Ao que prontamente respondeu-lhe a mulher: "Fale o rei, meu senhor!"

[18]Kwesi sithuba ukumkani uphendule lo mfazi wathi: "Ndinombuzo endinawo; uze ungakhe ulinge undifihlele impendulo." "Mhlekazi, ungandibuza nantoni na," utshilo loo mfazi.

[19] E o rei indagou: "Não é Joabe que está por trás de tudo isso?" E a mulher retrucou: "Tão certo como vives, ó meu soberano senhor, que ninguém poderá se desviar, nem para a direita nem para a esquerda, de tudo quanto diz o rei meu senhor; porque Joabe, teu servo, de fato, é quem me deu ordem e foi ele quem instruiu a tua serva a comunicar-te tudo quanto deveria falar.

[19]Ukumkani wathi: "Asikho na isandla sikaJowabhi kule nto?" Umfazi waphendula wathi: "Ngenene, ukho nje, mhlekazi nkosi yam, uchane ucwethe; okuthethileyo kunjalo; ewe, liphakathi lakho uJowabhi lo undihlohle la mazwi.

[20] O teu servo Joabe agiu deste modo na tentativa de dar uma solução a esse caso. Entretanto meu senhor é mais sábio, como um anjo de Deus, e nada lhe escapa ao conhecimento de tudo o que acontece em suas terras!"

[20]Kambe le nto isicaka sakho uJowabhi uyenze ngeenjongo zokulungisa. Hayi, ndincamile, mhlekazi; ulwazi lwakho lufana nolwesithunywa sikaThixo, sona sazi konke okwenzekayo elizweni."

[21] Então, mas tarde, o rei atendeu a Joabe e lhe disse: "Está bem, farei o que pedes. Vai e traze de volta o jovem Absalão!"

[21]Emva koko ke ukumkani uDavide ubhekise kuJowabhi wathi: "Kulungile ke, ndiya kukhululela; hamba uye kumlanda laa mfana uAbhasalom."

[22] Joabe caiu com o rosto em terra, prostrou-se e bendisse o rei. Depois, Joabe declarou: "O teu servo reconhece neste momento que encontrou graça aos teus

[22]Waziphosa phantsi ke uJowabhi ekhahlela, edomboza ebulela ukumkani, wenjenje: "Ngoku isicaka sakho siyazi

olhos, senhor meu rei, pois o rei compreendeu e atendeu o pedido de teu servo!”

23 E assim Joabe partiu para Gesur e trouxe Absalão de volta para Jerusalém.

24 Contudo, o rei ordenou: “Que Absalão se recolha à sua casa: não será recebido por mim.” Assim Absalão se retirou para a sua casa e não foi recebido pelo rei.

25 Em todo o Israel, não havia ninguém que fosse tão belo como o jovem Absalão, o qual era elogiado por todos em virtude de sua beleza física. Da cabeça aos pés, não havia nele nenhuma deformidade.

26 Quando cortava o cabelo, ao final de cada ano, e apenas porque lhe pesava muito, tinha o costume de pesá-lo e apuravam-se quase dois quilos e meio de cabelo cortado, pela medida real de pesos.

27 Ele teve três filhos e uma filha, chamada Tamar, que se tornou uma linda mulher.

28 Absalão habitou dois anos em Jerusalém, sem ser recebido pelo rei.

29 Então, certo dia, Absalão mandou chamar Joabe para que arranjasse uma visita dele com o rei, mas Joabe se negou; convocou-o segunda vez, e ainda Joabe não quis ir.

30 Ordenou, então Absalão aos seus servos: “Vedes ali, ao lado do meu, o campo de Joabe, no qual há cevada? Ide, pois, até lá e

ukuba uyakholiseka siso, mhlekazi nkosi yam, kuba undenzele isicelo sam.”

23Wasuka ke uJowabhi wenjenjeya ukusinga eGeshuri, esiya kulanda uAbhasalom, weza naye eJerusalem.

24Akuba efikile ukumkani wathi: “Makaye kuzihlalela endlwini yakhe uAbhasalom; akafuneki nganto apha kum ebhotwe.” Waya kuzihlalela emzini wakhe ke uAbhasalom, akaba savela phambi kokumkani.

Ukuxolelaniswa kuka-Abhasalom noDavide

25Kwakungekho bani wayenokufaniswa noAbhasalom ngobunzwana kuye wonke uSirayeli. Wayeyinzwana engenasiphako ukusuka entendeni yonyawo lwakhe kuye kutsho phezulu entloko.

26Wayesithi akucheba intloko (nto leyo wayeyenza minyaka le, kuba zazisuka zibe nde kakhulu iinwele zakhe) aziveyishe ezo nwele, zibe sisibini seekhilogram ubunzima ngokomlinganiselo owawusetyenziswa komkhulu.

27Wayenoonyana abathathu uAbhasalom, kunye nentombi eyayinguTamare igama, inzwakazi enomkhitha.

28Kwadlula iminyaka emibini eseJerusalem uAbhasalom, kodwa engekabonani nokumkani.

29Ke uAbhasalom wabiza uJowabhi ukuze amthume kukumkani. Wala ukuza yena uJowabhi. Waphinda wathumela okwesibini, wala kwakhona uJowabhi.

30Uthe ke kwizicaka zakhe uAbhasalom: “Intsimi kaJowabhi nantsiya inengqolowa ngakuleya yakuthi; yiyani niyintumeke

ateai fogo nele!" E foram os servos de Absalão e puseram fogo em todo o campo de Joabe.

umlilo." Zaya, zayitshisa intsimi kaJowabhi izicaka zika-Abhasalom.

[31] Então Joabe veio falar com Absalão na sua casa e lhe disse: "Por que puseram fogo no campo que me pertence?"

[31]Wasuka ke uJowabhi waya kwa-Abhasalom, wafika wathi kuye: "Ziyitshiseleni izicaka zakho intsimi yam?"

[32] Absalão retrucou a Joabe: "Mandei chamar-te para te solicitar: Vem cá; desejo enviar-te à presença do rei com esta mensagem: 'Por que, afinal, vim de Gesur? Melhor teria sido se não tivesse saído jamais de lá!' Agora, portanto, exijo ser recebido pelo rei; e, se sou culpado, que ele pessoalmente me condene à morte!"

[32]UAbhasalom wathi kuJowabhi: "Bendithumele abantu kuwe ndisithi mawuze apha ukuze ndikuthume kukumkani undibuzele uthi: 'Ndibuyele ntoni eGeshuri? Bekukuhle ndibe ndiselapho nangoku.' Ngoku ke ndifuna ukubonana nokumkani, ukuze athi, ukuba ndisenetyala, andibulale, ndife kube kanye."

[33] Joabe se apresentou diante do rei e lhe relatou o que havia ocorrido e a mensagem que havia recebido. Então o rei mandou chamar Absalão. Este foi ao rei e se prostrou, lançando-se com o rosto em terra perante ele. E o rei se emocionou e beijou a Absalão.

[33]UJowabhi undulukile waya kukumkani, wafika wamxelela oko. Uthe ukumkani makabizwe uAbhasalom. Uthe akufika kukumkani uAbhasalom waqubuda phambi kokumkani ekhahlela ubuso ebujongise emhlabeni, waza yena ukumkani wamanga.

2 Samuel 15

A rebelião de Absalão e a fuga de Davi

[1] E aconteceu depois disso que Absalão conseguiu para si uma carruagem, cavalos e uma escolta de cinquenta homens.

[2] Levantando-se ao raiar do dia, Absalão plantava-se à beira da estrada principal que levava à porta da cidade. E assim, sempre que alguém vinha trazer uma causa para ser julgada pelo rei, Absalão abordava essa pessoa e questionava: "De que cidade és?" E, invariavelmente, a resposta era: "O teu servo é de uma das cidades de Israel!"

[3] Então Absalão aproveitava a oportunidade e comentava: "A tua causa é válida e justa,

2 Kasamweli 15

UAbhasalom uceba ukuvukela umbuso

[1]Emva koko uAbhasalom wazifunela inqwelo namahashe kunye namashumi amahlanu amadoda awankcunkca phambili.

[2]Wayedla ngokuvuka ekuseni, aye kuma ngasendleleni eya esangweni lesixeko. Wayedla ngokuthi xa kufika umntu oze nesimangalo komkhulu, ambize, ambuze imvelaphi. Kuthi loo mntu akuba ezilandile echaza isizwe sakwaSirayeli avela kuso,

[3]uAbhasalom athi: "Ewe, umthetho uyakungqinela, nomcimbi wakho

mas, infelizmente, não há nenhum representante do rei que te escute."

[4] E Absalão sugeria: "Quem me dera ser designado juiz desta terra! Todas as pessoas que tivessem uma causa ou demanda legal viriam a mim, e eu lhes faria justiça!"

[5] E sempre que alguém se aproximava para se prostrar diante dele, ele estendia-lhe a mão, puxava-o para si e o beijava.

[6] Absalão, deste modo, ia seduzindo o coração da população de Israel e, dia a dia, conquistando a lealdade dos israelenses que vinham pedir que o rei lhes fizesse justiça.

[7] Ao fim de quatro anos, Absalão solicitou ao rei: "Permite que eu vá a Hebrom, a fim de cumprir um voto que fiz ao SENHOR.

[8] Porque, quando teu servo estava em Gesur, na Síria, fez este voto: 'Se Yahweh me conceder retornar a Jerusalém, prestarei um culto a Yahweh em Hebrom!'

[9] Abençoou-lhe Davi dizendo: "Vai em paz!" Ele se pôs, então, a caminho, para ir a Hebrom.

[10] Absalão mandou mensageiros a todas as tribos de Israel para notificá-los: "Quando ouvirdes o som da trombeta, bradai uns aos outros: 'Absalão tornou-se rei em Hebrom!'

[11] Com Absalão partiram de Jerusalém duzentos homens. Eles haviam sido convocados, mas nada sabiam sobre o que se passava nem suspeitavam das verdadeiras intenções de Absalão.

[12] Depois de oferecer sacrifícios, Absalão mandou chamar Aitofel, da cidade de Gilo,

uyavakala, kodwa ukumkani akanaye umntu ongachophela eli tyala."

[4]Wayeqhubeka athi uAbhasalom: "Akwaba ibindim umntu ochophela amatyala kweli lizwe! Bebeya kuza kum bonke nezimangalo zabo, ndibagwebele kakuhle."

[5]Kwakusithi kwakufika umntu aze akhahlele, uAbhasalom amthi hlasi ngesandla, amphakamise, amwole, amange.

[6]Loo nto wathi rhoqo ukuyenza kuwo onke amaSirayeli awayesiza komkhulu ematyaleni. Waba ke uyaziba iintliziyo zamaSirayeli ngaloo ndlela.

[7]Emva kweminyaka emine uAbhasalom ubhekise kukumkani wathi: "Mhlekazi, ndiyakucela ndikhulule ndiye kuzalisekisa isibhambathiso endasenza kuNdikhoyo eHebron.

[8]Kaloku ndandenze isifungo ngokuya ndandisahlala eGeshuri kwelama-Aram, ndathi uNdikhoyo ndiya kumenzela idini xa andibuyisele ekhaya eJerusalem."

[9]Ukumkani wathi kuye: "Hamba ngoxolo." Wesuka ke wemka uAbhasalom waya eHebron.

[10]Kanti wayeshiye ethume oongcothoza kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli esithi: "Xa nithe neva umtyangampo wesigodlo, ze nithi: 'UAbhasalom ungukumkani eHebron!' "

[11]UAbhasalom wakhatshwa ngamakhulu amabini amadoda ukuya kwakhe eHebron esuka eJerusalem. Ahamba ngesimemo engazi nto wona phofu ngeli yelenqe.

[12]Kwathi xa uAhitofele waseGilo, iphakathi likakumkani uDavide, laliye kokwalo eGilo,

conselheiro de Davi. Então a ação conspiratória ficou evidente e ganhou força, e o número de seguidores de Absalão ficou ainda muito maior.

lisiya kunyusa amadini, uAbhasalom wathuma isigidimi kuye, embiza. Iyelenqe lokuvukela ukumkani laya likhula, namanani eqela lika-Abhasalom aya esanda ngokwanda.

UDavide uyasaba eJerusalem

13 Então um mensageiro chegou e disse ao rei Davi: "O coração dos homens de Israel de voltou para servir a Absalão!"

13Kwafika isigidimi kuDavide, sathi: "Iintliziyo zamadoda akwaSirayeli zijikile, zilandela uAbhasalom."

14 Diante desta notícia Davi declarou a todos os seus anciãos e oficiais em Jerusalém: "Levantemo-nos, pois, e fujamos! Doutra maneira, certamente, não escaparemos da fúria de Absalão! Apressai-vos em partir, para que não aconteça que seja ele mais ligeiro e nos ataque, nos destrua e passe a cidade toda ao fio da espada!"

14Ke uDavide wathi kumaphakathi akhe onke awayeseJerusalem: "Masibaleke kusengoku, kuba asiyi kusinda kuAbhasalom. Masikhawuleze simke, hleze asihlasele ngephanyazo, asihlisele ububi, abulale abemi balo mzi ngekrele."

15 Responderam-lhe prontamente todos os oficiais do rei: "Qualquer que seja a decisão do senhor nosso rei, eis que aqui estamos leais a ti e prontos para servir-te!"

15Aphendula ngelithi amaphakathi kuDavide: "Makube njengokubona kwakho, mhlekazi; thina zicaka zakho sesilungile."

16 O rei decidiu partir a pé, com toda a sua família, mas deixou no palácio dez concubinas para cuidarem do palácio.

16Wanduluka ke ukumkani nalo lonke usapho lwakhe. Kwasala ishumi labafazi elalingamaqadi, agcina umzi wakomkhulu.

17 Assim, o rei partiu com todo o povo em cortejo. Pararam na última casa da cidade,

17Ukumkani kunye nabantu awayehamba nabo bathi bakufika ngakwindlu yokugqibela bakha bathi xha apho.

18 e todos os seus soldados marcharam, passando em revista por Davi: todos os queretitas e peletitas, e os seiscentos giteus que o acompanhavam desde Gate.

18Onke amaphakathi akhe ema ngakuye lo gama abalindi bakhe abangamaKreti namaPleti badlulayo ngaphambi kwakhe. Emva koko kuze amakhulu amathandathu amadoda omkhosi owamlandela ukusuka eGati.

19 E aconteceu que o rei falou a Itai, de Gate: "Por que vieste conosco? Volta e fica com o

19Kwesi sithuba ke ukumkani uthe kuItayi waseGati: "Ulapha nawe? Ufunani emva kwam? Hamba uye kungenelela kulaa

novo rei, porquanto és um estrangeiro e exilado do teu país.

kumkani mtsha; kaloku ungumntu wasemzini wena, imbacu eyasaba amawayo.

[20] Faz pouco tempo que chegaste e não seria justo fazer-te acompanhar-nos nesta jornada sem rumo certo. Retorna, pois, e leva teus irmãos contigo. Que o amor leal e as misericórdias de Yahweh repousem sobre a tua cabeça!”

[20]Hayi, mandingambhadulisi umntu ofika izolo! Andikazi nalapho ndiya kuphelela khona. Jika, wena kunye nala madoda akuni. Akwaba inceba nenyaniso yaba nawe.”

[21] Itai, contudo, declarou ao rei: “Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR, e por tua vida que onde quer que o rei, meu senhor, esteja, ali estará também o teu servo, para viver ou para morrer!”

[21]UItayi wamphendula ukumkani wathi: “Mhlekazi, ekho nje uNdikhoyo, ikho nje inkosi yam ukumkani, inene, apho iya khona inkosi yam ukumkani, nam sicaka sakho ndiya kuya khona, nditsho nokuba kusebomini nokuba kusekufeni.”

[22] Então Davi concordou com Itai e lhe disse: “Vem e passa adiante!” E Itai, o giteu, marchou, na companhia de todos os soldados do rei e com as famílias que estavam com ele.

[22]UDavide wathi kuItayi: “Kulungile ke, yitsho ungena endleleni.” Waba ke njalo uItayi kunye namadoda eqela lakhe nosapho lwakhe lonke balandela uDavide.

[23] E toda aquela multidão chorava e se lamentava em alta voz, enquanto o exército passava. O rei Davi atravessou o ribeiro de Cedrom, e todos os seus homens com ele, e foram na direção do deserto.

[23]Kwahlokoma ilizwe sisikhalo ekumkeni kukaDavide nabantu bakhe. Wenjenjeya ukumkani ukuya kuwela umlanjana iKedron, elandelwa ngabantu bonke, baya kutsho entlango.

[24] Ali estavam também Zadoque, Abiatar e todos os levitas que transportavam a Arca da Aliança de Deus. Colocaram a Arca de Deus diante de Abiatar, até que todo o povo acabou de sair da cidade.

[24]Wayelapho phakathi kwabo uZadoki umbingeleli, ekunye nabaLevi, bethwele ityesi yomnqophiso kaThixo. Bayibeka phantsi ngakuAbhiyatare, bayilinda kwada kwaphuma wonke umntu esixekweni.

[25] Então o rei ordenou a Zadoque: “Torna a levar a Arca de Deus para a cidade. Seu eu encontrar graça aos olhos de Yahweh, Ele mesmo me trará de volta e me permitirá revê-la e à sua Habitação;

[25]Emva koko wathi kuZadoki ukumkani: “Le tyesi kaThixo yibuyisele kwasesixekweni. Ukuba uNdikhoyo undigcinile ndobuya ndiyibone kwakhona isendaweni yayo.

[26] se no entanto, Ele concluir: ‘Tu me desagradas!’, aqui estou também: faça de mim o que te aprouver.”

[27] Em seguida, o rei ordenou ao sacerdote Zadoque: “Vede! Tu e Abiatar voltai em paz para a cidade, com os vossos dois filhos: Aimaás, teu filho, e Jônatas, filho de Abiatar.

[28] Vede ainda! Eu permanecerei caminhando pelos trilhos do deserto, aguardando notícias vossas!”

[29] Zadoque e Abiatar levaram, pois, a Arca de Deus de volta para Jerusalém, e ali ficaram.

[30] Caminhava Davi chorando e lamentando todo o ocorrido, subindo pela encosta do monte das Oliveiras, com a cabeça coberta e os pés nus. E todos que o acompanhavam nesta jornada também tinham a cabeça coberta e subiam o morro aos prantos.

[31] Assim que informaram a Davi que Aitofel era um dos envolvidos no conluio de Absalão, Davi orou: “Ó Yahweh! Faze que sejam insensatos e inúteis os conselhos de Aitofel!”

[32] Quando Davi alcançou o alto do monte, o lugar onde o povo costumava adorar a Deus, veio ao seu encontro Husai, o arquita, com a roupa rasgada e com terra sobre a cabeça.

[33] Entretanto, recomendou-lhe Davi: “Se ficares comigo, ser-me-ás pesado.

[34] Todavia, se voltares à cidade e declarares a Absalão: ‘Serei teu servo, senhor meu rei. No passado dediquei-me a servir teu pai,

[26]Kodwa ke ukuba uNdikhoyo uthe kum: ‘Andaneliseki nguwe,’ ndim lo, makandenze loo nto ikholekileyo emehlweni akhe.”

[27]Uqhube wenjenje ukumkani ebhekisa kuZadoki umbingeleli: “Uyayibona imeko, wena ungahamba ngoku, ubuyele esixekweni kunye noAbhiyatare, nihambe kunye nâbo bafana babini, lowo wakho uAhimazi kunye noJonatan unyana ka-Abhiyatare.

[28]Uyabona, mna ndiya kulinda phaya emazibukweni entlango, kude kufike ilizwi elivela kuwe lokundazisa.”

[29]Ke uZadoki noAbhiyatare babuyela eJerusalem, bethwele ityesi yomnqophiso, baza bahlala apho.

[30]UDavide wahamba elila ukunyuka kwakhe iNtaba yemiNquma, egqubuthele, engafakanga nto nasezinyaweni. Bonke ababehamba naye nabo babegqubuthele, behamba belila.

[31]Waxelelwa uDavide kwathiwa: “Naye uAhitofele ukwicala labavukeli kunye noAbhasalom.” Ke uDavide wathandaza wathi: “Uzuwaphanzise, Ndikhoyo, amacebo ka-Ahitofele!”

[32]Uthe uDavide xa aqabela encochoyini yenduli, efika apho kwakunqulwa khona, wafika elindelwe nguHushayi umArki, etsho ngezambatho ezikrazukileyo, intloko inomhlaba.

[33]UDavide wathi kuye: “Akukho nto uya kundinceda ngayo xa uhamba kunye nam.

[34]Kanti ke xa ubuyela kwasesixekweni uya kundinceda uphanzise amacebo ka-Ahitofele, ufike uthi kuAbhasalom:

mas de agora em diante estarei a teu dispor!' Assim me ajudarás muito mais, frustrando os conselhos de Aitofel!"

35 Os sacerdotes Zadoque e Abiatar certamente ficarão do teu lado! Tudo o que souberes do palácio, relatá-lo-ás a Zadoque ou Abiatar.

36 Ali estarão também os seus filhos: Aimaás e Jônatas. Por intermédio deles me informes de tudo o que te for possível ver e ouvir."

37 Então Husai, amigo de Davi, chegou à cidade ao mesmo tempo em que Absalão entrava em Jerusalém.

2 Samuel 16

Davi é enganado por Ziba e amaldiçoado por Simei

1 Havia Davi passado um pouco adiante do cume do monte, quando Ziba, o servo de Mefibosete, veio ao seu encontro com um par de jumentos, carregando duzentos pães, cem bolos de uvas passas, cem frutas da estação e uma vasilha de couro cheia de vinho.

2 O rei indagou a Ziba: "Que desejas ao trazer todos esses presentes?" Ao que Ziba prontamente replicou: "Os jumentos servirão de montaria à família real, o pão e as frutas para os teus servos se alimentarem, e o vinho para reanimar os que ficarem exaustos durante a jornada no deserto!"

3 Então questionou o rei: "Mas onde se encontra Mefibosete, neto de seu senhor?" Retrucou-se Ziba: "Ficou em Jerusalém

'Ndisisicaka sakho, mhlekazi kumkani! Bendifudula ndisisicaka sikayihlo, kodwa ngoku ndisisicaka sakho.'

35UZadoki noAbhiyatare ababingeleli uya kufika bekho nako; uze uyixele kubo yonke intshukumo yakomkhulu.

36Bakho nabo ooAhimazi unyana kaZadoki noJonatan unyana ka-Abhiyatare; wondazisa ngako konke okuvileyo komkhulu."

37Wenjenjeya uHushayi, umhlobo kaDavide, ukuya esixekweni, waya kufika kanye xa uAbhasalom angenayo eJerusalem.

2 Kasamweli 16

UDavide noZibha

1Wathi uDavide esand' ukuthi tyishi nje eyishiya incopho, wagagana noZibha iphakathi likaMefibhoshete. Wayeqhuba iidonki ezimbini zibotshiwe zithwele amakhulu amabini ezonka, nekhulu lezikhinkci zeerasentyisi, nekhulu lezikhinkci zeziqhamo ezisand' ukukhiwa, kunye nemvaba ezele yiwayini.

2Ukumkani wambuza uZibha wathi: "Wenza ntoni ngezi zinto?" Lithe elikaZibha: "Ezi donki ndizizise ukuze usapho lukakumkani lukhwele kuzo. Izonka kunye neziqhamo ndiziphathele amadoda kakumkani ukuze azixhase ngazo, athobe nangewayini xa aziva ephelelwe entlango."

3Uqhube wathi ukumkani: "Uphi uMefibhoshete, umzukulwana kaSawule, inkosi yakho?" UZibha wathi: "Usele eJerusalem. Kaloku uthi: 'Namhlanje indlu

porque disse: 'Hoje a casa de Israel me restituirá o reino de avô!"

[4] Diante desta declaração o rei afirmou a Ziba: "Eis que tudo o que pertencia a Mefibosete agora te pertence!" E Ziba declarou: "Eu me prostro diante de ti com toda a humildade! Possa eu encontrar graça aos teus olhos, senhor, meu rei!"

[5] Quando o rei Davi chegou a Baurim, um homem do clã da família de Saul chamado Shimi, Simei, filho de Gera, saiu da cidade determinando maldições contra ele.

[6] Em sua fúria, atirava pedras em Davi, e em todos os oficiais do rei Davi, e por isso todo o exército e todos os guerreiros se puseram à direita e à esquerda a fim de proteger o rei.

[7] Simei amaldiçoava a Davi com estas palavras: "Vai-te! Fora daqui! Assassino! Bandido!

[8] Que o SENHOR retribua a ti todo o sangue derramado na família de Saul, cujo trono tu usurpaste! Agora o SENHOR entregou o reino nas mãos de teu filho Absalão. E, portanto, estás arruinado, entregue a tua própria crueldade, porquanto és homem sanguinário!"

[9] Então Abisai, filho de Zeruia, propôs ao rei: "Ora, por que razão este cão morto há de ficar proferindo palavras de maldição contra o senhor meu rei? Deixa-me atravessá-lo e decepar-lhe a cabeça!"

[10] Contudo o rei respondeu: "Ó filhos de Zeruia, este não é um assunto que possais resolver para mim! Ele está me

kaSirayeli iza kububuyisela kum ubukhosi bukabawo-mkhulu uSawule.' "

[4]Waqokela wathi ukumkani kuZibha: "Iza kuba yeyakho yonke into ebikade iyeyikaMefibhoshete." UZibha wathi: "Ndohlala ndisisicaka sakho, mhlekazi; bendinga ndingasoloko ndisenzelwa inceba nguwe."

UDavide noShimeyi

[5]Uthe ukumkani uDavide akuya kufika eBhawurim, kwavela uShimeyi, unyana kaGera, owayezalana noSawule, eze kumhlangabeza, emthuka wonke lo gama aya kuye.

[6]UShimeyi usuke wagxoga uDavide ngamatye, ekunye naloo maphakathi akhe, engqongwe macala ngamadoda omkhosi nabalindi bakhe.

[7]Wayemthuka esithi: "Mka apha; hamba sigebengandini setshijolo!

[8] UNdikhoyo uya kukubuyekeza ngenxa yegazi lendlu kaSawule othe wena waba ngukumkani esikhundleni sakhe. Ubukhosi uNdikhoyo ubunike uAbhasalom unyana wakho. Hayi ke, sigebengandini, isikhuni sibuye nomkhwezeli!"

[9]Kwavela uAbhishayi owayezalwa nguZeruya, wathi kukumkani: "Mhlekazi, uyamyeka lo mfi wenja akuthuke wena kumkani? Ndiyeke mna ndiye kumnqumla intloko."

[10]Ukumkani wathi: "Ayifuni nina le nto, bonyana bakaZeruya. Ukuba undithuka ngokuthunywa nguNdikhoyo, ngubani

amaldiçoando porque Yahweh lhe mandou: 'Amaldiçoa a Davi!' Sendo assim, quem poderá questionar esse pobre homem sobre seus motivos?

onegunya lokuthi kuye: 'Uyenzela ntoni le nto?' "

11 Declarou então Davi a Abisai e a todos os seus anciãos e conselheiros: "Até meu próprio filho, carne da minha carne, procura matar-me. Quanto mais este benjamita! Deixem-no, pois, em paz! Que siga me amaldiçoando, porquanto foi Yahweh que ordenou que assim se fizesse!

11Uqhube wathi uDavide, ebhekisa kuAbhishayi nakumaphakathi akhe onke: "Ingunyana wam ozelwe ndim nje lo ufuna ukundibulala, nothuswa yintoni kule nto yenziwa ngulo mBhenjamin? NguNdikhoyo othe makandithuke; myekeni ke andithuke.

12 Espero que Yahweh venha a considerar o meu sofrimento e me retribua com benignidade a maldição que hoje recebo!"

12UNdikhoyo angahle ayibone le ntlupheko ndikuyo, andithamsanqele endaweni yesiqalekiso salo mntu."

13 Assim Davi e os seus soldados continuaram o seu caminho. Simei, todavia, seguia pela encosta do monte, no lado oposto, esbravejando maldições e atirando pedras e terra contra Davi e sua tropa.

13Bahamba indlela yabo ke ooDavide. Wahamba ngaphezu kwenduli leyo uShimeyi eshwabula, egxoga ngamatye, eqhumisa uthuli.

14 O rei e todo o povo que o seguia chegaram extenuados à sua parada e lá procuraram descansar e recompor as forças.

14Ukufika kukakumkani neqela lakhe eJordan babesebefile kukudinwa, bakha baphumla apho.

Os conselhos que Aitofel e Husai dão a Absalão

UAbhasalom eJerusalem

15 Entrementes, Absalão e seu exército de israelenses entraram em Jerusalém, e Aitofel estava com eles.

15Wagaleleka eJerusalem uAbhasalom, ehamba namaSirayeli onke, kukho noAhitofele.

16 Assim que Husai, o arquita, amigo de Davi, aproximou-se de Absalão, exclamou: "Viva o rei! Viva o rei!

16Wathi uHushayi umArki, umhlobo othembekileyo kaDavide, akuthi thu uAbhasalom, wakhahlela esithi: "Huntshu-u-u! Khul' ud' ukhokhobe, kumkani!"

17 Entretanto, Absalão interrogou a Husai: "É essa a grande lealdade que dedicas ao teu amigo? Por que não partiste com ele?"

17UAbhasalom wathi kuHushayi: "Tyhini, yindlela obonakalisa ukuthembeka kwakho kumhlobo wakho uDavide le! Kutheni ungahambanga naye nje?"

18 Ao que prontamente Husai lhe explicou: "Não, meu senhor! Dedico meu serviço ao escolhido do SENHOR, deste povo e de

18UHushayi wathi kuAbhasalom: "Ndingayenza njani into enjalo? Mna ndingakwicala lalowo utyunjwe

todos os israelitas. Esse é o meu senhor e com ele permanecerei!

[19] Ademais, a quem vou servir? Não és seu filho? Como servi a teu pai, assim te servirei!"

[20] Absalão procurou o conselho de Aitofel e lhe indagou: "Dai-nos o teu parecer. Que devemos fazer?"

[21] Ao que Aitofel respondeu: "Digo que te aproximes das concubinas de teu pai, que ele deixou para zelar do palácio e tenhas relações sexuais com elas. Deste modo todo o Israel saberá que te tornaste repugnante e odioso perante teu próprio pai, mas essa atitude fará com que todos os que de fato são teus aliados tornem-se ainda mais corajosos."

[22] E assim armaram uma tenda no terraço do palácio para Absalão, e ele teve relações sexuais com todas as concubinas de seu pai à vista de todo o povo de Israel.

[23] Os conselhos que Aitofel dava naquele tempo eram recebidos como um oráculo de Deus. Sendo assim, tanto Davi como Absalão acolhiam todas as palavras e instruções de Aitofel.

2 Samuel 17

[1] Aitofel pediu a Absalão: "Permita-me escolher doze mil homens e me laçar esta noite mesmo à perseguição de Davi.

[2] Atacarei seu acampamento enquanto está exausto e sem vigor, e provocarei grande pânico entre seu povo, e todos que estiverem com ele fugirão assombrados.

nguNdikhoyo nangabantu nangamaSirayeli ephela. Ndiza kuhamba nawe.

[19]Kakade ke ndingathoba phantsi kukabani xa ingenguye unyana wenkosi? Ndiza kuthoba phantsi kwakho ngoku njengoko bendisenza kuyihlo."

[20]Ubuzile ke kuAhitofele uAbhasalom wathi: "Ucebisa ntoni ke? Ngaba masithini?"

[21]UAhitofele wathi kuAbhasalom: "Yiya kungena kumaqadi kayihlo, lawa awagcinise ibhotwe. Ngaloo ndlela indlu yonke kaSirayeli iya kuqonda ukuba uzinukisile kuyihlo, babe nesibindi ke ngoko abakulandelayo."

[22]Kwamiswa intente phezu kophahla lwebhotwe, waza uAbhasalom wawangena amaqadi kayise ejongwe ngamaSirayeli onke.

[23]Icebo lika-Ahitofele lalithathwa njengelizwi elivela kuThixo ngenkqu. Lalingadli ngakuwa phantsi kuDavide, kanti nakuAbhasalom kwakukwanjalo.

2 Kasamweli 17

UHushayi ulahlekisa uAbhasalom

[1]Wathi uAhitofele kuAbhasalom: "Ndivumele ndikhethe ishumi elinambini lamawaka amadoda, ndiphume ngobu busuku, ndimsukele uDavide.

[2]Ndifuna ukumhlasela esadiniwe nje, emi nematha. Ndifuna ukuwothusa abaleke la madoda ahamba naye. Ndifuna ukubulala ukumkani kuphela,

Então ferirei mortalmente somente o rei Davi,

[3] e farei que se volte para ti todo o exército. Afinal, é somente um homem que precisas matar para que todo o povo fique em paz e te sirva!”

[4] Este conselho agradou sobremaneira a Absalão e a todas as autoridades de Israel.

[5] Contudo, solicitou Absalão: “Consultai ainda a Husai, o arquita, para que ouçamos também o que ele pensa.”

[6] Husai veio à presença de Absalão, que lhe questionou: “Aitofel deu-nos uma palavra de conselho. Devemos fazer o que ele recomendou ou tens outra orientação a nos dar?”

[7] Husai replicou: “Eis que o conselho que Aitofel deu desta vez não é bom.”

[8] E Husai prosseguiu argumentando: “Tu bem sabes que o teu pai e a sua gente são guerreiros valentes e estão muito irados com tudo o que tem acontecido, assim como fica a ursa a que se tiram as crias. Teu pai é um soldado experiente e não permitirá que todo o seu exercito durma nem passará a noite toda no acampamento.

[9] Agora mesmo, já deve estar abrigado em alguma caverna ou nalgum outro esconderijo. Se, logo no começo, houver vítimas do nosso lado, se espalhará a notícia de que houve derrota no exército de Absalão.

[10] Então, até mesmo o valente que tem um coração semelhante ao de um leão perderá a coragem porque todo o Israel sabe que teu

[3]ndiwazise kuwe onke amanye amadoda. Andithi mnye qha lo mntu ufuna ukumbulala, bonke abanye babuye bephila?”

[4]Lavakala njengecebo eliphilileyo eli kuAbhasalom nakumadoda amakhulu akwaSirayeli xa ewonke.

[5]Uthe uAbhasalom: “Khanibize kwanoHushayi umArki, silive nelakhe icebo.”

[6]Uthe akufika uHushayi uAbhasalom wamchazela iqhinga lika-Ahitofele, waza wathi: “Utsho ke uAhitofele; uthini wena?”

[7]UHushayi wathi kuAbhasalom: “Hayi, mhlekazi, kwesi sihlandlo kum ngathi alililhle iqhinga lika-Ahitofele konke.

[8]Wazi kakuhle ukuba uyihlo uDavide neqela lakhe ngamadoda aqhele ukulwa, yaye bayakhwankqisa, ngathi yimazi yebhere inxakamela amathole ayo. Uwaqhelile amadabi uyihlo, ngoko ke akahlali ndawonye nomkhosi wakhe ebusuku.

[9]Ngoku ndithethayo ngahle uzimele mqolombeni uthile, okanye uthe nca ndaweni ithile. Ukuba yena uthe waba ngowokuqala ukuhlasela amadoda akho, abakuvayo oko baya kusuka bathi: ‘Axheliwe amadoda ka-Abhasalom.’

[10]Ndithi nawona madoda aziingonyama ukukhalipha aya kunkwantya, kuba

pai é um bravo e que aqueles que o acompanham o são igualmente.

[11] Eu, portanto, aconselho com toda a segurança, que todo o exército de Israel, desde Dã até Berseba, se reúna em torno de ti, tão numeroso como os grãos de areia na praia do mar, e tu marcharás pessoalmente no meio deles.

[12] Nós o acharemos onde quer que esteja refugiado e cairemos sobre ele como o forte orvalho sobre a terra, e não deixaremos escapar nem a ele nem a nenhum dos que o acompanham.

[13] Se ele fugir e buscar proteção em alguma cidade, todo o povo de Israel levará cordas para essa cidade, e com elas a arrastaremos completamente até o vale, até que não reste ali sequer um seixo, uma pedrinha lisa!"

[14] Absalão e todos os homens de Israel exclamaram: "O conselho de Husai, o arquita, é de fato melhor do que o de Aitofel; porquanto o próprio SENHOR já havia decidido frustrar a eficiente estratégia de Aitofel, com o propósito de arruinar os planos de Absalão.

[15] Então Husai revelou aos sacerdotes Zadoque e Abiatar todo o conselho que Aitofel dera a Absalão e aos anciãos de Israel, e o que ele mesmo lhes tinha orientado em seguida.

[16] E rogou-lhes: "Agora, pois, enviai urgentemente esta mensagem a Davi dizendo: 'Não fiques esta noite nos passos do deserto, mas segue imediatamente para o outro lado, para que não venham a ser

kwaSirayeli uyihlo udume ngokulwa, yaye nomkhosi wakhe ngamagorha.

[11]"Mna ke ndicebisa ukuba uwaqokelele onke amaSirayeli kulo lonke eli, ukususela kwaDan kuye kutsho eBheshebha, abe maninzi ngokungathi yintlabathi yaselwandle, uze uwakhokele wena ngenkqu ukuya edabini.

[12]UDavide yena somfuna apho azimele khona, simhlasele okombethe olele kwiindawo zonke, kungasindi namnye kuye nakuloo madoda onke anaye.

[13]Uya kuba ngaya dolophini ithile, sifike nalapho singamaSirayeli, sithandele ngeentambo, sizitsale ezo ndonga zidilike, ziye kuthi didli ezantsi entilini, kude kungabikho nalinye ilitye apho."

[14]UAbhasalom namadoda onke akwaSirayeli bathi: "Icebo likaHushayi umArki lelona lilungileyo kunelika-Ahitofele." Yayisisigqibo sikaNdikhoyo kakade ukuba maliphanze icebo lika-Ahitofele, khon' ukuze aze kuhlelwa lishwangusha uAbhasalom.

UDavide uyasaba akulunyukiswa

[15]Usuke apho uHushayi waya kwazisa ooZadoki noAbhiyatare ababingeleli ngeqhinga yena acebise ngalo uAbhasalom namadoda amakhulu akwaSirayeli kwanangelo lalivela kuAhitofele.

[16]Uqhube wathi: "Ke ngoko khawulezani nithumele kuDavide, nithi kuye: 'Uze ungahlali phaya ngakumazibuko asentlango ngobu busuku. Welela ngaphesheya kweJordan, hleze ukumkani nabantu bonke abanaye bacinywe.' "

exterminados o rei e todo o exército que o acompanha!'"

[17] Jônatas e Aimaás estavam aguardando em En-Roguêl, a fonte de Rogel, porque não queriam se arriscar a serem vistos entrando na cidade. Uma criada ia até lá de vez em quando e informava sobre o que estava acontecendo; então eles iam contar ao rei Davi.

[17]UJonatan kunye noAhimazi babehlala belinde kulaa mthombo wase-En-rogele, kuba bekungafuneki babonwe bengena esixekweni. Kwathunywa isicakazana, saya kubaxelela, baza bona baya kwazisa ukumkani uDavide.

[18] Entretanto, desta vez um rapaz os viu e levou a notícia a Absalão. Ao notar que seriam delatados os dois moços partiram apressadamente e chegaram à casa de um homem de Baurim, que tinha um poço quintal. Imediatamente desceram ao poço,

[18]Kodwa babhaqwa yinkwenkwana eyaya kuxelela uAbhasalom. Bakhawuleza ke bemka kuloo ndawo, baya kuzimela mzini wasemathileni eBhawurim. Kwakukho iqula ngakuloo mzi, baza ke baya kuhlala ngaphakathi kwalo.

[19] e a dona da casa colocou a tampa sobre a boca do poço. Para disfarçar, espalhou grãos de cereal por cima.

[19]Inkosikazi yalapho yathatha into, yaligquma ngayo, yaneka imbewu ngaphezulu, ukuze kungabikho bani urhanela nto.

[20] Mais tarde os soldados de Absalão chegaram à casa da mulher e lhe interrogaram: "Onde estão Aimaás e Jônatas?" A mulher prontamente lhes respondeu: "Passaram pelo curral das ovelhas e se foram apressados em direção às águas do rio!" Os soldados, no entanto, procuram por toda parte, e não achando ninguém, voltaram a Jerusalém.

[20]Afika apho kuloo mzi amaphakathi ka-Abhasalom, athi kuloo mfazi: "Baphi ooAhimazi noJonatan?" Waphendula ngelithi loo mfazi: "Bagqithe apha, baya ngasemlanjeni." Loo maphakathi afuna, afuna, ada ancama, abuyela kwaseJerusalem.

[21] Assim que eles partiram, Aimaás e Jônatas saíram do poço e foram avisar o rei Davi: "Levantai-vos e atravessai rapidamente o rio, porque este foi o conselho que Aitofel deu acerca de vós!"

[21]Akuba emkile loo madoda, baphuma kwelo qula ooAhimazi noJonatan, basa udaba ababeluthunyiwe kuDavide. Bamxelela ngeyelenqe lika-Ahitofele, batsho besithi: "Phakama ukhawuleze uwelele ngaphesheya komlambo."

[22] Davi e todo o exército que o acompanhava puseram-se, então, imediatamente a caminho e cruzaram o

[22]Bawela ke ooDavide namaphakathi, kwathi kusisa babe bengaphesheya kweJordan bonke.

Jordão; ao raiar da manhã não havia ninguém que já não estivesse em segurança do outro lado do Jordão.

23 Quando Aitofel percebeu que o seu conselho não tinha sido seguido, selou seu jumento, montou-o e partiu para a sua casa na cidade. Pôs todos os seus negócios em ordem e logo em seguida se enforcou. Ele foi sepultado no túmulo de seu pai.

23Uthe akubona uAhitofele ukuba iqhinga lakhe alisiwanga so, suka wakhwela idonki yakowabo, wagoduka esinga kweyakubo idolophu. Uthe nje ukuba agqibe ukulungisa imicimbi yakhe, waya wazixhoma wafa. Ungcwatyelwe apho kumangcwaba ooyise-mkhulu.

24 Davi já havia alcançado a cidade de Mahanáim, Maanaim quando Absalão conseguiu atravessar o Jordão com todos os homens de Israel.

24Wayeselefikile uDavide kwidolophu yaseMahanayim, ngexesha yena uAbhasalom namaSirayeli onke awayenaye bawela iJordan.

25 Absalão havia nomeado Amassá, Amasa comandante do exército em lugar de Joabe. Amasa era filho de um homem cujo nome era Itrá, o ismaelita, a mãe dele era Abigail bat Nahash, Abigail filha de Naás e irmã de Tseruiá, Zeruia, mãe de Joabe.

25UAbhasalom wenza uAmasa injengele yomkhosi esikhundleni sikaJowabhi. UAmasa wayengunyana kaYetere umSirayeli, ezalwa nguAbhigeli intombi kaNahashe, engudade boZeruya unina kaJowabhi.

26 Absalão e os israelenses acamparam em Gileade.

26UAbhasalom namaSirayeli bazimisa iintente zabo kummandla waseGiliyadi.

A vitória do exército de Davi sobre o de Absalão

27 Logo que Davi chegou a Maanaim, Shovi ben Nahash, Sobi filho de Náas, de Rabá dos amonitas, Mahir ben Amiel, Maquir filho de Amiel, da cidade de Lo-Debar, e o gileadita Barzilai, da cidade de Rogelim,

27UDavide ukufika kwakhe eMahanayim wayehlangatyezwa nguShobhi unyana kaNahashe owayevela kwidolophu iRabha kwelama-Amon, nanguMakire unyana ka-Amiyeli waseLodebhare, noBhazilayi umGiliyadi waseRogelim.

28 trouxeram à presença de Davi e de seu exército camas, bacias e diversos utensílios de cerâmica, além de grande quantidade de trigo, cevada, farinha, grãos torrados, feijão, favas e lentilha,

28Babephethe iimandlalo, izitya, neengqayi, kunye nengqolowa, nerhasi, nomgubo, nogcado, neembotyi, neentlumayo, nokunye ukutya okugcadiweyo,

29 mel e coalhada, ovelhas e queijo de leite de vaca; porquanto sabiam que as tropas

29nobusi, nebhotolo, neegusha, netshizi yobisi lweenkomo. Konke oku babekuphathele ukuxhasa uDavide nabantu

estavam exaustas, sedentas e esfomeadas em sua jornada pelo deserto.

2 Samuel 18

[1] Então Davi passou em revista seu exército e nomeou comandantes de batalhões de mil e de cem homens.

[2] Em seguida, dividiu todo o exército em três grandes companhias: uma terça parte nas mãos de Joabe, outra terça parte nas mãos de Abisai, irmão de Joabe, filho de Zeruia, e a terceira sob o comando de Itai, o giteu. E exclamou então o rei às tropas: “Eu também seguirei convosco para a guerra!

[3] Os soldados, entretanto, ponderaram ao rei: “Tu não deves partir em nossa companhia desta vez, porque, se formos obrigados a recuar, não nos darão atenção, e se morrer até a metade de nós, também não nos darão atenção, ao passo que tu és como dez mil homens dentre nós! Portanto, é melhor que sejas o nosso socorro pronto a vir da cidade.

[4] Respondeu-lhes Davi: “Farei o que vos parecer bem!” O rei se colocou ao lado da porta da cidade enquanto o exército saía em unidades de cem e de mil.

[5] Então o rei ordenou a Joabe, Abisai e Itai: “Por amor a mim, tratai o jovem Absalão com brandura!” E todo o exército recebeu a ordem que o rei deu a todos os chefes a respeito do cuidado para com Absalão.

bakhe, kuba babesithi: “Aba bantu balambile, badiniwe, banxaniwe nokunxanwa apha entlango.”

2 Kasamweli 18

Ukoyiswa kuka-Abhasalom

[1]UDavide uwaqokelele onke amadoda omkhosi wakhe, wawahlula-hlula, wawamisela izinxiba-mxhaka eziphethe amajoni aliwaka neziphethe amajoni alikhulu.

[2]Emva koko umkhosi uwahlule waba ngamaqela amathathu, elinye liphethwe nguJowabhi, elinye nguAbhishayi umntakwabo-Jowabhi, elinye liphethwe nguItayi waseGati. Ke uDavide wathi kumkhosi wakhe: “Nam ngenkqu ndiza kuphuma kunye nani.”

[3]Amadoda omkhosi athi: “Hayi, mhlekazi, mus' ukuya edabini. Akungebi lutho xa utshaba luswantsulisa thina, nokuba kungade kuwe isiqingatha sethu, kodwa ubukho bakho bufana neshumi lamawaka amadoda. Kuhle ke ukuba usale apha esixekweni, uze ukwazi ukusithumela amancedo.”

[4]Ukumkani wathi kubo: “Kulungile ke, mandenze loo nto ikholekileyo kuni.” Wema ngasesangweni, ewajongile ukunduluka kwawo, ephuma engamaqela amajoni alikhulu naliwaka.

[5]Ukumkani wabayalela ooJowabhi noAbhishayi kunye noItayi, wathi: “Nize nindincede niyiphathe kakuhle laa ntwana inguAbhasalom.” Loo myalelo kaDavide awayewubhekisa kwiinjengele weviwa ngawo onke amadoda omkhosi.

[6] As tropas de Davi saíram a campo aberto em direção a Israel, e a batalha teve lugar na floresta de Efraim.

[7] E todo o exército de Israel foi vencido à vista da guarda de Davi, e houve nesse dia uma grande derrota em que pereceram vinte mil homens.

[8] A luta se desenrolou por toda a região, e nesse dia a floresta devorou mais vitimas do que a própria espada.

Absalão fica suspenso numa árvore, e Joabe mata-o

[9] Durante os embates, Absalão, montado em sua mula, acabou se encontrando com os soldados de Davi. E ao passar apressadamente com a mula debaixo dos galhos de uma grande árvore, Absalão ficou preso nos galhos pelo pescoço. Ficou suspenso entre o céu e a terra, e a mula seguiu em frente.

[10] Certo homem o viu naquela situação e correu para informar a Joabe: “Eis que acabo de ver Absalão atado e suspenso entre os galhos de um carvalho!”

[11] Retrucou-lhe Joabe: “Pois se o viste, por que não o mataste ali mesmo? Eu te daria agora dez peças da prata e um cinturão de guerreiro!

[12] O homem, todavia, replicou a Joabe: “Mesmo que pusesses nas minhas mãos mil peças de prata, não levantaria a minha mão contra o filho do rei! E foi diante de nós que o rei pessoalmente te ordenou, e igualmente a Abisai e a Etai: “Por amor de mim, todos quantos ouvirem esta palavra, tratai com brandura o jovem Absalão.’

[6]Wenjenjeya umkhosi kaDavide ukuya kuqubisana namaSirayeli endle ngakwihlathi lakwaEfrayim, zanqoza.

[7]AmaSirayeli oyiswa ngumkhosi kaDavide. Abethwa kakubi, kwasala apho edabini amawaka angamashumi amabini.

[8]Idabi layigqiba yonke loo ndawo, uninzi lwafela ehlathini, lwangaphezulu kwabo babefele edabini.

[9]UAbhasalom wagaxeleka phakathi kweqela lamadoda kaDavide. Wayekhwele embongolweni. Kuthe xa ithubeleza ngaphantsi kom-oki omkhulu, wabambeka ngentloko kuloo masebe omthi. Yabaleka yemka imbongolo, wasala yena ejinga emoyeni.

[10]Wabonwa ngumfo othile owaxelela uJowabhi wathi: “UAbhasalom ndimbone ejinga emthini wom-oki.”

[11]Uthe uJowabhi kuloo ndoda: “Xa umbonileyo kutheni ukuze ungambulali kwangoko nje? Mna bendiya kukuhlawula ngeshumi leesiliva, ndikuthi jize ngomxhaka ngaphezu koko.”

[12]Loo mfo uphendule uJowabhi ngelithi: “Nokuba ubungade undihlawule iwaka leesiliva, bendingasoze ndimse sandla mna unyana kakumkani wam. Kaloku simve ngezethu iindlebe ukumkani ngokuya ebekuyala wena noAbhishayi noItayi esithi: ‘Nokuba ngubani na azayikhusele laa ntwana uAbhasalom.’

[13] No entanto, se eu tivesse atentado traiçoeiramente contra a vida dele, o rei Davi certamente ficaria sabendo, pois não se consegue esconder nada do rei, e tu mesmo se voltaria contra mim!”

[14] Diante disso, exclamou Joabe: “Não quero ficar perdendo tempo contigo!” E, imediatamente, apanhou três lanças e as enterrou no peito de Absalão enquanto ele ainda estava vivo, preso e suspenso entre os galhos do carvalho.

[15] Logo em seguida chegaram dez jovens soldados, escudeiros de Joabe, cercaram Absalão e acabaram de matá-lo.

[16] Prontamente Joabe mandou soar o Shofar, a trombeta, e as tropas pararam de atacar Israel, porquanto Joabe dera o sinal para que o exército se contivesse.

[17] Então pegaram o corpo de Absalão e o atiraram para dentro de uma grande fossa no meio da mata e ergueram sobre ele um monte de pedras. Enquanto isso, todos os israelenses fugiam para casa.

[18] Em vida, Absalão tinha resolvido erigir para si mesmo um monumento no vale do Rei, alegando: “Erguerei uma estela para mim, pois não tenho nenhum filho para conservar a memória do meu nome!”, e por isso deu seu nome àquela coluna, que ainda hoje é conhecida como o Monumento de Absalão.

Davi, sabendo da morte de Absalão, chora amargamente

[19] Então Aimaás, filho de Zadoque, disse: “Vou correndo anunciar ao rei a boa nova de que Yahweh lhe fez justiça e o livrou de seus inimigos!”

[13]Ukuba bendenze ubugwenxa ndambulala uAbhasalom, ubeza kuyiva loo nto ukumkani, yaye akukho nto ifihlakeleyo kuye, ube wena ungayi kundithethelela.”

[14]UJowabhi wathi: “Hayi, andizi kudla xesha apha ngawe.” Uthathe iintshuntshe zantathu, wamgwaza ngazo entliziyweni uAbhasalom esaphila, ejinga kuloo mthi wom-oki.

[15]Emva koko kwafika ishumi lamadoda omkhosi kaJowabhi, amjikeleza uAbhasalom, amhlaba amgqibezela.

[16]Uthe uJowabhi makuvuthelwe isigodlo, iphele imfazwe, abuye amadoda awayesukela amaSirayeli.

[17]Awuthatha umzimba ka-Abhasalom, awuphosa emngxunyeni omkhulu owawulapho ehlathini, awugqumelela ngemfumba enkulu yamatye. Abaleka onke amaSirayeli, yayileyo indoda yajonga kowayo.

[18]Esaphila uAbhasalom wayezenzele ilitye lesikhumbuzo kwiNtili kaKumkani, kuba wayesithi: “Andinanyana oza kuvusa igama lam.” Walithiya ngegama lakhe. Unanamhla oku kusathiwa lilitye lesikhumbuzo lika-Abhasalom ukubizwa kwalo.

UDavide uxelelwa ngokufa kuka-Abhasalom

[19]Emva koko uAhimazi, unyana kaZadoki, wathi kuJowabhi: “Mandikhawuleze ndise kukumkani iindaba zovuyo zokuba

uNdikhoyo umgwebele wamkhulula kwiintshaba zakhe.”

[20] Porém Joabe lhe advertiu: “Hoje não serás portador de uma alegre mensagem; noutro dia sim, porque a nova não é boa: o filho do rei está morto!”

[20]UJowabhi wathi kuye: “Hayi, akukho zindaba zovuyo uya kuzisa kukumkani namhlanje. Loo nto uya kuyenza ngenye imini. Kaloku unyana kakumkani ufile.”

[21] E Joabe convocou um escravo cuxita, etíope, e lhe ordenou: “Vai comunicar ao rei tudo o que viste!” O homem de Cuxe reverenciou a Joabe e saiu correndo para levar a notícia ao rei.

[21]Waza ke uJowabhi wathi kumfo waseKushe: “Yiya kuxelela ukumkani oko ukubonileyo.” Wakhahlela umKushe, wangena endleleni.

[22] Todavia Aimaás, filho de Zadoque, insistiu ainda e rogou a Joabe: “Haja o que houver, eu também quero ir atrás do cuxita!” Contudo Joabe lhe respondeu: “Para que vais correr, meu filho? Nenhuma recompensa receberás por dar essa notícia!”

[22]UAhimazi unyana kaZadoki waphinda wathi kuJowabhi: “Kungehla okuhlayo, ndiyeke ndingene endleleni emva kwaloo mKushe.” “Kutheni wafuna ukuya ngokwakho kukumkani? Akukho mvuzo aza kukunika wona phofu,” utshilo uJowabhi.

[23] Mas Aimaás replicou: “Seja como for, desejo ir o mais depressa possível!” Então Joabe consentiu dizendo: “Vai, se é o que desejas!” E Aimaás partiu em disparada pelo caminho da planície do Jordão e passou à frente do homem de Cuxe.

[23]“Ndithe kuwe kungehla okuhlayo, ndifuna ukuhamba,” utshilo uAhimazi. Ke uJowabhi wathi: “Thatha khona!” Wasuka ke uAhimazi wangena endleleni, waya kuthi gubhu kulaa ntili yeJordan, wamshiya endleleni umKushe lowo.

[24] Davi encontrava-se sentado entre a porta interna e à externa da cidade. E quando o soldado que fica de sentinela subiu ao terraço que havia sobre a porta, junto à muralha, observou um homem que vinha correndo sozinho.

[24]UDavide wayehleli kwindawo ephakathi kwamasango angaphakathi nawangaphandle kwesixeko. Kwesuka umlindi waya kukhwela phezu kodonga lwesixeko, wema ngapha kophahla lwesango, wondela, wabona kukho indoda ehamba yodwa, ibaleka.

[25] Imediatamente o soldado gritou, avisando o rei. E Davi disse: “Se ele está sozinho, deve trazer boa notícia!” E aquele homem foi se aproximando.

[25]Wabhekisa ngezantsi kukumkani, wamxelela, waza ukumkani wathi: “Xa ehamba yedwa uzisa iindaba zovuyo.” Eso sigidimi saya sisondela ngokusondela.

[26] Mas o soldado de vigia viu outro homem que se aproximava logo atrás do primeiro, e alertou ao porteiro: “Eis que vem outro

[26]Ubuye wabona esinye isigidimi loo mlindi, wabhekisa kumgcini-masango wathi: “Nantso nenye indoda isiza ibaleka

homem que corre sozinho!" Ao que exclamou o rei: "Esse também deve estar trazendo boas novas."

[27] O vigia acrescentou em alta voz: "Eu reconheço o modo de correr do primeiro homem: é como corre Aimaás, filho de Zadoque!" E ponderou o rei: "Este é um bom homem, ele deve estar trazendo uma boa mensagem."

[28] Então Aimaás aproximou-se do rei e o saudou reverentemente. Atirou-se com o rosto ao chão, diante do rei e anunciou: "Bendito seja Yahweh, o teu Deus! Ele entregou os homens que se insurgiram contra o rei, meu senhor!"

[29] Prontamente o rei questionou: "O jovem Absalão está bem?" Ao que Aimaás respondeu: "Observei que houve grande alvoroço no momento em que Joabe, servo do rei, mandou este teu servo, contudo não sei o que aconteceu."

[30] O rei ordenou: "Fica aqui ao lado e aguarda um pouco."

[31] Em seguida chegou o etíope e transmitiu a seguinte informação: "Ó rei, meu senhor, ouve a boa notícia! Hoje Yahweh te fez justiça livrando-te de todos os que se levantaram contra ti!

[32] E o rei indagou ao cuxita: "Vai tudo bem com o moço Absalão?" E o etíope respondeu: "Que tenham a mesma sorte desse moço todos os inimigos do senhor meu rei e todos os que se têm levantado contra ti para te fazerem mal!"

[33] Então o rei, profundamente abalado, subiu ao quarto que ficava por sobre a porta e chorou copiosamente. O rei ia subindo e

iyodwa." Uthe ukumkani: "Nalowo usekwaza neendaba ezimnandi."

[27]Uthe umlindi: "Ukubaleka kwakhe lo ungaphambili ngathi nguAhimazi unyana kaZadoki." Ukumkani wathi: "Kowu, lilunga lomfo elo; usiphathele iindaba zovuyo."

[28]UAhimazi wabhekisa kukumkani wathi: "Izinto zihamba kakuhle!" Wafika wakhahlela ejongise ubuso emhlabeni, wathi, "Mbonge uNdikhoyo uThixo wakho! Uboyisile abo bebeyivukela inkosi yam ukumkani!"

[29]Ukumkani wathi: "Ngaba usindile umfana uAbhasalom?" Uphendule wathi uAhimazi: "Mhlekazi, ngokuya bendithunywa nguJowabhi iphakathi lakho, ndibone kukho isiphithi-phithi, phofu andingetsho ukuba bekutheni na."

[30]Ukumkani wathi: "Khawume bucala ulinde." Wahamba ke, waya kuma bucala.

[31]Ke kaloku wafika umKushe, wathi kukumkani: "Ndize neendaba zovuyo, mhlekazi, nkosi yam! Namhlanje uNdikhoyo ukugwebele waboyisa bonke abo bebekuvukela."

[32]Ukumkani wathi kumKushe: "Yena umfana uAbhasalom usindile phofu?" UmKushe wathi: "Mhlekazi, bendinga into emhleleyo unyana wakho ibinga ingenzeka kuzo zonke iintshaba zakho, nakwabo bakuvukelayo."

[33]Ukumkani waba nengevane, wenyuka waya kwigumbi eliphezu kwesango, wafika walila. Wayehamba elila, esithi: "Yini

clamando aos soluços: “Meu amado filho Absalão! Meu filho! Meu filho Absalão! Quem dera ter morrido em teu lugar! Ah, Absalão, meu querido filho, meu filho!”

umntwana wam! Awu, nyana wam Abhasalom, nyana wam Abhasalom! Akwaba ibindim ofileyo, Abhasalom, nyana wam, nyana wam!”

2 Samuel 19

[1] Então mandaram o seguinte aviso a Joabe: “O rei chora muito e se lamenta por causa de Absalão!”

[2] A vitória, naquele dia, se transformou em luto para todo o exército, porque os soldados compreenderam naquele momento que o rei estava sofrendo grande angústia por causa da morte de seu amado filho.

[3] Naquele dia todo o exército do rei ficou em silêncio fúnebre na cidade, como agem as tropas, quando precisam fugir humilhadas do campo de batalha.

[4] O rei permanecia com o rosto encoberto e clamava em alta voz: “Meu filho Absalão! Absalão meu filho! Meu amado filho!”

[5] Joabe chegou ao palácio e falando com o rei o admoestou: “Tu cobres hoje de vergonha o rosto de todos os teus servos que neste dia pelejaram por salvar a tua vida, a de todos os teus demais filhos, filhas, esposas e concubinas.

[6] Ora, ages como se amasses os que te odeiam e odiasse os que te amam! Porquanto demonstraste hoje que teus comandantes e soldados quase nada significam para ti. Parece que ficarias satisfeito se Absalão estivesse vivo e todos nós, mortos.

[7] Agora, pois, vai sem demora e encoraja tuas tropas e teus soldados! Juro por

2 Kasamweli 19

UJowabhi uthethisa uDavide

[1]UJowabhi waxelelwa kwathiwa: “Uyabona, ukumkani uzilile, elilela uAbhasalom.”

[2]Ngaloo mini uvuyo loloyiso lwajika lwaba lusizi kuwo wonke umkhosi kaDavide, kuba eva kusithiwa: “Ukumkani uzilile ngenxa yonyana wakhe.”

[3]Loo mkhosi wabuyela edolophini unyoshoza oku komkhosi obaleke edabini.

[4]Wazigquma ubuso ukumkani, watsho esikrakra isikhalo, esithi: “Yini umntwana wam uAbhasalom! Abhasalom, nyana wam, nyana wam!”

[5]Wasuka uJowabhi, waya endlwini kakumkani, wafika wathi kukumkani: “Namhlanje uwaphoxile amadoda omkhosi wakho, nditsho amadoda asindise ubomi bakho, ubomi boonyana neentombi zakho, nabafazi bakho namaqadi akho.

[6]Abo bakuthiyileyo uyabathanda, uze abo bakuthandayo ubathiye. Kucace gca ukuba izinxiba-mxhaka zakho kwakunye namadoda omkhosi akuzikhathalele. Ndiyabona ukuba namhlanje ngewuvuya ukuba ebengafanga uAbhasalom, kufe thina endaweni yakhe.

[7]Hamba ke ngoku, uye kuthetha nawo uwancome la madoda, kuba ngomso kusasa

Yahweh, se tu não saíres agora, não haverá ninguém que passe contigo esta noite, e isso será para ti um mal maior do que todos os males que têm caído sobre ti desde a tua mocidade até o dia de hoje!”

kobe kungekho nanye kuwo ehamba nawe, xa ungayenzanga loo nto. Ndifunga uNdikhoyo! Loo nto ke yoba lelona shwangusha wakha wanalo ebomini bakho ukususela ebutsheni bakho ukuza kuthi ga ngoku.”

[8] O rei se levantou e veio assentar-se à porta. E anunciou-se a todo o exército: “Eis que o rei está assentado à porta!”, e então todo o exército se reuniu diante de sua majestade. Entrementes, os israelitas fugiam para casa.

[8]Usukile ukumkani, waya kuhlala ngasesangweni lesixeko. Axelelwa onke amadoda kwathiwa: “Ukumkani uhleli ngasesangweni.” Abuthelana ngakukumkani ke amadoda omkhosi wakhe.

UDavide ubuyela eJerusalem

Ngeli xesha ayeselebalekile onke amaSirayeli, indoda nganye iye kowayo.

[9] Em todas as tribos de Israel, todos comentavam: “Foi o rei quem nos livrou da mão dos nossos inimigos, foi ele quem nos salvou das garras dos filisteus, e agora teve de fugir da terra, para longe de Absalão.

[9]Afika axabana odwa kuwo wonke loo mmandla. Kwakukho athi: “UDavide wawasindisa kwiintshaba zawo amaSirayeli, wawahlangula esandleni samaFilistiya. Ngoku ubaleke uAbhasalom, walishiya lodwa ilizwe.

[10] Quanto a Absalão, que tínhamos ungido para que reinasse sobre nós, morreu na batalha. Então, por que não fazeis nada para trazer o rei de volta?

[10]UAbhasalom esamthambisa waba ngukumkani wethu, ngoku ufele edabini. Ke kutheni kuthe cwaka nje malunga nokuphuthunywa kukakumkani uDavide?”

Davi volta para Jerusalém

[11] Assim que Davi foi notificado sobre o que todo o Israel estava comentando, Davi mandou a seguinte mensagem aos sacerdotes Zadoque e Abiatar: “Falai assim aos anciãos e autoridades de Judá: ‘Por que seríeis vós os últimos a trazer de volta o rei para casa?

[11]Ukumkani uDavide wathumela kooZadoki noAbhiyatare ababingeleli, wathi: “Thethani namadoda amakhulu akwaJuda nithi: ‘Kutheni nina nibe ngabokugqibela ukubuyisela ukumkani kwibhotwe lakhe? Kaloku okuthethwayo ngamaSirayeli onke kufikile kukumkani endlwini yakhe.

[12] Vós sois meus irmãos, sois da minha carne e dos meus ossos. Por que seríeis os derradeiros a cooperar no meu retorno?’

[12]Kanti nina niyazalana naye, niligazi lakhe.’

[13] E direis a Amasa: ‘Não tens o meu sangue? Não és tu osso meu e carne minha? Que

[13]Yithini kuAmasa mna naye siyazalana, yaye uThixo uya kuba nento andenzayo,

Deus me castigue com todo o rigor se, deste momento em diante, tu não passaras a comandar todo o meu exército em lugar de Joabe!'"

14 Assim foi um só o sentimento de todos os homens de Judá, como o coração de um só homem, e mandaram declarar ao rei: "Vem, pois, tu e todos os teus servos!"

15 Então o rei deu início à sua viagem de retorno e chegou até o Jordão. E Judá veio a Guilgal para encontrar-se com o rei a fim de cooperar com ele na travessia do Jordão.

16 Simei, filho de Gera, benjamita de Baurim, apressou-se e desceu com os homens de Judá para encontrar-se com o rei Davi e sua comitiva.

17 Mil homens de Benjamim foram com ele, como também Ziba, servo da família de Saul, e seus quinze filhos e vinte servos. Desceram depressa ao Jordão antes da chegada do rei,

18 e atravessaram para o outro lado a fim de conduzir a família do rei e cooperar da maneira como o rei desejasse. Quando o rei estava pronto para atravessar o Jordão, Simei de Gera, prostrou-se diante dele,

19 e declarou: "Que o meu senhor não leve em consideração o meu crime. E que não te lembres mais do mal que o teu servo cometeu no dia em que o rei, meu senhor,

nditsho nokuba iqatha kangakanani, ukuba andimenzi injengele yomkhosi wam yonke imihla yobomi bam esikhundleni sikaJowabhi."

14Loo mlomo kaDavide wazitsalela kuye iintliziyo zamadoda onke akwaJuda, aba mxhelo-mnye, aza athumela kukumkani athi: "Buyela ekhaya, wena kunye nabo bonke abantu abanawe."

15Wabuya ukumkani, waya kufika kumlambo iJordan, wahlangatyezwa ngamadoda akwaJuda, awayeze kumkhawulela eGiligali amkhaphe ukuwela loo mlambo.

16Kwangelo xesha uShimeyi unyana kaGera wakwaBhenjamin eBhawurim, waphuthuma ukuya kuhlangabeza ukumkani uDavide eJordan.

17Wayehamba newaka lamadoda esizwe sakwaBhenjamin. UZibha, isicaka sakwakumkani uSawule, naye wayeze noonyana bakhe bolishumi linantlanu kunye namashumi amabini ezicaka, bakhawuleza bafika eJordan apho engekafiki ukumkani.

18Bawuwela umlambo ukuya kuphuthuma iqela likakumkani, bancede nakuloo nto ukumkani afuna yenziwe.

UDavide wenzela uShimeyi inceba

Kuthe xa ukumkani ezilungiselela ukuwela iJordan, weza uShimeyi, wazikhahlela phambi kwakhe,

19wathi: "Mhlekazi, ndixolele into endakwenza yona ngamhla uyishiya iJerusalem. Musukuba sandixhiba, ungabi sayicinga konke loo nto.

partiu de Jerusalém. Que o rei não guarde esta ofensa em seu coração!”

[20] Eu, teu servo, reconheço que pequei contra a tua majestade. Por isso, de toda a tribo de José, fui o primeiro a vir ao encontro do meu rei, meu senhor!”

[21] Prontamente sugeriu Abisai, filhod e Zeruia: “Simei não deveria ser morto por ter amaldiçoado o ungido do SENHOR?”

[22] Contudo, Davi advertiu: “Que tenho eu convosco, filhos de Zeruia, para que hoje sejais meus adversários? Deveria neste dia de glória morrer alguém em Israel? Ou não tenho eu plena garantia de que voltei a reinar sobre todo o Israel?

[23] E o rei, naquele mesmo instante, prometeu a Simei, sob juramento: “Tu não serás morto!”

Mefibosete encontra-se com Davi

[24] Mefibosete, neto de Saul, também foi ao encontro do rei. Ele não havia lavado os pés nem aparado a barba, nem mesmo lavado as próprias roupas, desde o dia em que o rei partira até o dia em que regressou em paz e segurança.

[25] Quando chegou a Jerusalém para encontrar-se com o rei, este lhe questionou: “Por que não foste comigo, Mefibosete?

[26] Ele respondeu: “Ó rei, meu senhor, o meu servo me enganou. Eu, teu servo, sendo deficiente dos pés, ordenei: ‘Selai um jumento para nele montar, pois vou seguir o rei.’ Mas o meu criado me enganou.

[20]Ndiyazi ukuba ndakona, mhlekazi. Yiyo ke loo nto ndingowokuqala kwindlu kaJosefu ukuza kufika apha, ndikukhawulele namhlanje.”

[21]Kwathetha uAbhishayi, unyana kaZeruya, wathi: “Makabulawe uShimeyi lo ngokuqalekisa umthanjiswa kaNdikhoyo.”

[22]UDavide wathi: “Yintoni endidibanisa nani, bonyana bakaZeruya? Kutheni le nto nifana neentshaba kum namhlanje? Kaloku ndim ngoku ukumkani wakwaSirayeli; ngoko ke akukho mSirayeli uya kubulawa namhlanje.”

[23]Uqhube wathi ebhekisa kuShimeyi: “Akuyi kufa.” Waza ke ukumkani wathembisa oku ngesifungo.

Ububele bukaDavide kuMefibhoshete

[24]Kufike uMefibhoshete, umzukulwana kaSawule, naye eze kukhawulela ukumkani. Wayengazange azihlambe iinyawo, achebe amabhovu, nezambatho sezawagqibela kudala amanzi, okoko wemkayo eJerusalem uDavide kude kuze kuba yile mini abuya noloyiso.

[25]Uthe akufika evela eJerusalem, wathi kuye ukumkani: “Mefibhoshete, kwakutheni ukuze ungahambi nam?”

[26]Uphendule ngelithi uMefibhoshete: “Mhlekazi, nkosi yam, uyazi ukuba ndisisiqhwala. Ndathi isicaka sam uZibha masibophe idonki ndihambe ngayo ndikukhaphe, kodwa sona sasuka sandiphoxa.

[27] E ele me difamou perante o rei, meu senhor, entretanto o rei meu senhor é como um anjo de Deus; faz o que bem te parecer.

[27]Saza kuxoka ngam kuwe, mhlekazi. Kambe ke wena mhlekazi, nkosi yam, usisithunywa sikaThixo – yenza loo nto ubona ifanele.

[28] Pois todos os descendentes do meu avô eram dignos de morte diante do rei meu senhor; mas, puseste teu servo entre os que comem à tua mesa. E que direito teria eu de pedir algum outro favor do rei?"

[28]Kwathi umzi kabawo umelwe kukubulawa, wena wathi mandiye kuhlala kwakho. Andisenako nokuba ndibe sacela isisa kuwe ngoku, mhlekazi."

[29] Então o rei respondeu: "Tu já explicaste o suficiente. Já decidi: Tu repartirás as terras com Ziba!

[29]Ukumkani wathi kuye: "Musa ukuba sathetha; ndigqibe kwelokuba wena noZibha nahlulelane ngomhlaba kaSawule."

[30] Então Mefibosete replicou ao rei: Deixa que ele receba tudo, uma vez que o rei meu senhor já voltou em paz à sua Casa.

[30]UMefibhoshete wathi kukumkani: "Makakuthathe konke uZibha, mhlekazi. Mna ndixolile kukubona wena ubuyela ekhaya."

Barzilai encontra-se com Davi

[31] Barzilai, o gileadita, também desceu de Rogelim e atravessou o Jordão com o rei, para acompanhá-lo até o outro lado do rio.

UDavide wenzela uBhazilayi inceba

[31]UBhazilayi waseGiliyadi wayekho naye, evela eRogelim, eze kuphuthuma ukumkani eJordan.

[32] Barzilai era idoso, avançado em anos de vida, tinha oitenta anos de idade. Ele havia provido o rei de bens, enquanto este habitou em Maanaim, pois era homem muito rico e generoso.

[32]Wayesele eyinkonde emashumi asibhozo ubudala. Wayesisityebi, esoloko emondla ukumkani ngokuya wayeseMahanayim.

[33] O rei solicitou a Barzilai: "Passa comigo e fica em minha companhia em Jerusalém, e eu cuidarei de ti.

[33]Ukumkani wathi kuBhazilayi: "Masiye eJerusalem, wondliwe ndim wena ngoku."

[34] Porém, Barzilai respondeu ao rei: "Quantos anos viverei ainda, para que suba com o rei a Jerusalém?

[34]Uthe uBhazilayi: "Mhlekazi, seyimbalwa imihla yokudla kwam ubomi; ndiza kuba sahambela ntoni ukuya nokumkani eJerusalem?

[35] Já tenho oitenta anos. Não consigo mais discernir entre o bom e o mau, não sinto mais o sabor dos alimentos nem das bebidas, também não consigo ouvir a voz dos

[35]Sendimashumi asibhozo ubudala; akusekho nto imnandi nembi kum. Ukutya nento eselwayo azisenancasa kum; andisawuva nomculo weemvumi neemvumikazi. Ndingasuka ndibe

cantores e das cantoras. O teu servo seria apenas mais um peso ao rei meu senhor.

36 O teu servo passará feliz com o rei até um pouco além do Jordão, mas não te preocupes com uma recompensa dessas para comigo.

37 Permite, pois, que o teu servo volte! E que eu possa morrer em paz na minha própria cidade, próximo ao túmulo de meu pai e de minha mãe. Contudo, aqui está o meu servo Quimã. Que ele vá com meu senhor e rei. Faze por ele o que achares melhor!"

38 Então o rei declarou: "Que assim seja! Quimã me seguirá! Farei por ele o que achares melhor. E tudo o mais que desejar de mim, eu o farei por ti meu amigo!"

39 Depois que o rei e todo o exército passaram o Jordão, o rei beijou Barzilai e o abençoou; e este voltou para sua cidade.

40 O rei seguiu para Guilgal; e com ele foi Quimã. Todo o exército de Judá e a metade do exército de Israel acompanharam o rei.

41 Não tardou para que todos os homens de Israel se aproximassem do rei para reclamar: "Por que os nossos irmãos de Judá, sequestraram o rei e o levaram para o outro lado do Jordão, como também a família dele e todos os seus servos?"

42 Então todos os homens de Judá responderam aos homens de Israel: "Porque o rei é nosso parente mais chegado! Por que estais irritados com isso? Porventura temos

ngumthwalo kuwe ngoku, mhlekazi, nkosi yam.

36Noko andikufanelanga ukuba ukumkani andivuze ngolo hlobo. Ndiza kuhamba nje ithutyana, ndikukhaphe uwele iJordan,

37emva koko ndijike ndigoduke, ndiye kufela ngakumathambo kabawo noma. Nasi isicaka sakho uKimam; ungahamba naso, mhlekazi, usenzele loo nto wena ubona ukuba isilungele."

38Uthe ukuphendula ukumkani: "Makahambe nam uKimam; ndomenzela into efunwa nguwe. Wena ndingakwenzela nantoni na oyifunayo."

39Wayiwela ke iJordan ukumkani uDavide nawo onke amadoda omkhosi wakhe. Uthe akuba ngapheseya wajika wanga uBhazilayi, wamthamsanqela, waza ke uBhazilayi wajika wagoduka.

UJuda noSirayeli babangisana ngekumkani

40Uthe akuwela ukumkani ekhatshwa ngawo onke amadoda akwaJuda nenxalenye yamadoda akwaSirayeli, waya eGiligali. Wayelapho noKimam.

41Emva koko amaSirayeli onke aya kukumkani, afika athi: "Mhlekazi, ngaba abantakwethu abaya bakwaJuda babuthathe phi ubuganga bokukuthatha eJordan nomzi wakho uphela?"

42Onke amadoda akwaJuda awaphendula awakwaSirayeli athi: "Loo nto siyenze ngenxa yokuba nathi sibanye nokumkani. Yintoni ke ekhathazayo kuloo nto,

comido à custa das provisões do rei, ou ele nos deu algum presente especial?

[43] Então os israelitas replicaram aos homens de Judá: “Ora, temos dez vezes mais direito sobre o rei Davi do que vós, ainda que ele seja teu parente. Por que fizestes pouco caso de nós? Nós fomos os primeiros a propor a volta do nosso rei à sua cidade!” Contudo, os homens de Judá foram ainda mais implicantes e grosseiros com os de Israel.

engasihlawuleli nakutya nje, kungekho nanto asenzele yona?”

[43]Aphendula amadoda akwaSirayeli athi kumadoda akwaJuda: “Sinebango eliphindwe kalishumi kunani kukumkani. Ke ngoko sinelungelo kuye kunani. Ngani ke ukuba nisidele? Sanukulibala ukuba sithi kaloku esathetha kuqala ngokulandwa kukakumkani.” Amadoda akwaJuda ayegadlela wona kunamaSirayeli ekwenzeni elawo ibango ngokumkani.

2 Samuel 20

A sedição de Seba e a sua morte

[1] Aconteceu também que estava ali um desordeiro chamado Shéva ben Bihri, Seba filho de Bicri, um benjamita. Ele fez soar o Shofar, a trombeta, e bradou: “Não temos parte alguma com Davi, nenhuma herança com o filho de Jessé! Retorne, pois, cada um para sua tenda, ó filhos de Israel!

[2] Então todos os homens de Israel se separaram de Davi e seguiram Seba, filho de Bicri; mas os homens de Judá acompanharam o seu rei desde o Jordão até Jerusalém.

[3] Quando Davi chegou ao seu palácio em Jerusalém, tomou as dez concubinas que deixara zelando do palácio e as colocou numa casa, sob guarda, e passou a sustentá-las, mas não coabitou com elas. Sendo assim, elas ficaram enclausuradas até o final de seus dias, vivendo como viúvas.

[4] Então o rei ordenou a Amasa: “Dentro de três dias, convoca-me os homens de Judá e apresenta-te aqui com eles.

2 Kasamweli 20

UShebha uvukela ukumkani uDavide

[1]Apho eGiligali kwakukho itshijolo elithile lomfo ogama linguShebha, unyana kaBhikri wesizwe sakwaBhenjamin. Wasuka wabetha isigodlo sakhe, wamemelela esithi: “Asinasahlulo kuDavide, singenalifa kunyana kaJese. Elowo makaye endlwini yakhe, maSirayeli!”

[2]Ke onke amadoda akwaSirayeli amshiya uDavide, alandela uShebha unyana kaBhikri, kodwa wona amaJuda asala noDavide, amlandela ukusuka eJordan ada aya kutsho naye eJerusalem.

[3]Wathi uDavide akufika komkhulu eJerusalem, wawathatha lawo maqadi akhe alishumi ayesele ejonge ikomkhulu, wathi makajongwe ngabalindi. Wayebondla, kodwa akabuyanga ahlangane nabo, bahlala ubomi bobuhlolokazi bonke ubomi babo.

[4]UDavide wathi kuAmasa: “Wabize amadoda akwaJuda eze apha zingadlulanga iintsuku ezintathu.”

[5] Entretanto, Amasa levou mais tempo para reunir Judá do que o prazo estabelecido pelo rei.

[6] Davi disse então a Abisai: “Agora, Seba, filho de Bicri, será pior para nós do que Absalão. Convoca os meus soldados e persegue-os, antes que ele encontre alguma cidade fortificada e, depois, nos arranque os olhos!”

[7] Assim, os soldados de Joabe, os queretitas, os peletitas e todos os guerreiros saíram em sua captura; saíram de Jerusalém para perseguirem Seba, filho de Bicri.

[8] Quando chegaram à grande rocha que está em Gibeom, Amasa veio ao encontro deles. Joabe estava vestindo seu traje de guerra e trazia um cinto com um punhal na bainha. Ao aproximar-se de Amasa, deixou cair a adaga.

[9] Então Joabe cumprimentou Amasa dizendo: “Vens em paz, meu irmão? E, com a mão direita, pegou na barba de Amasa, para beijá-lo.

[10] Porém, Amasa não reparou no punhal que estava na mão esquerda de Joabe, de modo que este foi fortemente golpeado por Joabe no estômago. As entranhas de Amasa se esparramaram no chão, e ele morreu ali mesmo, sem a necessidade de um segundo golpe. Em seguida Joabe e Abisai, seu irmão, perseguiram Seba, filho de Bicri.

[11] Um dos soldados de Joabe ficou ao lado do corpo de Amasa e exclamou: “Quem está ao lado de Joabe e é por Davi, siga Joabe!”

[5]Wahamba uAmasa, esiya kubiza amaJuda, kodwa akabuya ngosuku awayemiselwe lona ngukumkani.

[6]Uvakele esithi ukumkani kuAbhishayi: “Phofu uyaqonda na ukuba uShebha unyana kaBhikri uza kusenzela ingxwaba-ngxwaba nangaphezu koAbhasalom. Hamba nala madoda omkhosi wam, nimlandele engekayi kwiidolophu ezinqatyisiweyo, asithele emehlweni ethu.”

[7]Asuka ke amadoda ebutho likaJowabhi, nabalindi abangamaKreti namaPleti, nawo onke amagorha, anduluka eJerusalem, alanda ekhondweni likaShebha unyana kaBhikri.

[8]Bathi bakufika ngakwelaa liwa laseGibheyon, bahlangana noAmasa. UJowabhi wayegaxele ezedabi, ikrele lisesingxobeni, sibotshelelwe ebhantini. Uthe akusondela lawa elo krele.

[9]UJowabhi wathi kuAmasa: “Uphila njani, mfo wethu?” Wamthi nqaku ngentshebe uAmasa ngesokunene isandla sakhe, eza kumanga.

[10]UAmasa wayengalilumkelanga ikrele elalisesandleni sikaJowabhi, wamhlaba ngalo esiswini, wamkhupha amathumbu. Wafa kwangoko, akwafuneka ukuba abuye amhlabe uJowabhi. Basuka apho uJowabhi nomntakwabo uAbhishayi bangena endleleni, belandela uShebha unyana kaBhikri.

[11]Enye kulaa madoda ayehamba noJowabhi yasala imi ngakweso sidumbu sika-Amasa, ikhwaza isithi: “Indoda engakwicala

likaJowabhi noDavide mayilandele uJowabhi."

12 Amasa jazia numa poça de sangue no meio da estrada. Quando o homem viu que todos os que se aproximavam do corpo de Amasa paravam, arrastou-o para fora da estrada e o cobriu com uma coberta.

12Isidumbu sika-Amasa esasilijaja ligazi sasiqungqulule phakathi endleleni. Loo ndoda yathi yakubona amadoda afika eme apho, yasirhuqela entsimini eso sidumbu, yasigquma ngengubo.

13 Mas, quando Amasa foi removido do caminho, todos os soldados seguiram Joabe para perseguirem Seba, filho de Bicri.

13Emva koko ke wonke umntu walandela uJowabhi, kuzingelwa uShebha unyana kaBhikri.

14 Então Seba passou por todas as tribos de Israel até Abel de Bete-Maaca e todos os bicritas se juntaram a fim de segui-lo.

14UShebha wawutyhutyha wonke ummandla wezizwe zakwaSirayeli, wada waya kutsho kwidolophu iAbhele-bhete-mahaka, elandelwa nguwo wonke umzi wakwaBhikri.

15 O exército de Joabe veio, cercou Seba em Abel de Bete-Maaca e levantaram contra a cidade uma rampa que chegou até o alto da muralha externa. Assim que o exército de Joabe estava para derrubar o grande muro,

15UJowabhi nomkhosi wakhe bamngqinga uShebha apho eAbhele-bhete-mahaka. Benza amanqwanqwa ngomhlaba okuqabela udonga lwangaphandle, bemba ngaphantsi kodonga, befuna ukuluwisa.

16 uma mulher sábia bradou da cidade: "Ouvi! Ouvi! Dizei a Joabe: 'Vem aqui para eu conversar contigo!'"

16Kweso sixeko kwakukho umfazi owayehlakaniphile. Wamemeza engaphakathi, wathi: "Khawuphulaphule apha. Nceda undibizele uJowabhi; ndifuna ukuthetha naye."

17 Ele se aproximou dela, e a mulher indagou: "És tu Joabe?" Ao que ele replicou: "Sou." Ela acrescentou: "Escuta, pois, as palavras da tua serva!" E ele assentiu, dizendo: "Estou ouvindo!"

17Efikile uJowabhi, wabuza loo mfazi wathi: "UnguJowabhi?" Wathi: "Ewe, ndinguye." Umfazi lowo wathi kuye: "Khawuphulaphule ke, mhlekazi, oko isicakazana sakho sikuthethayo." Yena wathi: "Ewe, qhuba, ndimamele."

18 Então ela falou: "Antigamente costumava-se dizer: 'Peça-se conselho na cidade de Abel', e era desta maneira que se encontrava solução para os grandes impasses.

18Umfazi lowo wathi: "Kudala kwakudla ngokuthiwa: 'Yiya kwidolophu iAbhele, uye kuvisa khona.' Yayisenziwa ke loo nto.

[19] Somos um povo de pessoas pacíficas e fiéis em Israel, assim como eu. Estás tentando destruir uma cidade que é mãe em Israel. Por que desejas arruinar e herança de Yahweh?"

[20] Respondeu Joabe: "Não é este meu desejo! Longe de mim querer destruir ou arruinar esta cidade!

[21] Não é disso que se trata, mas um homem chamado Seba, filho de Bicri, dos montes de Efraim, rebelou-se contra o rei Davi. Basta que o entregueis, e eu suspenderei o cerco da cidade!" Diante disto a mulher replicou a Joabe: "Pois bem! Jogaremos a cabeça dele do alto da muralha!"

[22] Então a mulher se retirou e foi falar com todo o povo da cidade, como lhe instruía seu bom senso. Em seguida, degolaram a Seba, filho de Bicri, e arremessaram sua cabeça para Joabe. Imediatamente ele fez soar o Shofar, a trombeta, e seus soldados se dispersaram, abandonaram o cerco da cidade e cada um voltou para sua tenda. E Joabe retornou à presença do rei, em Jerusalém.

[23] Joabe era o comandante supremo do exército; Benaia, filho de Joiada, comandava os queretitas e os peletitas;

[24] Adonirão era chefe dos homens condenados a trabalhos forçados; Josafá, filho de Ailude, era o arauto e conselheiro do rei;

[25] Seva era escrivão e secretário; Zadoque e Abiatar eram sacerdotes;

[19]Le yidolophu exolileyo nethembekileyo kwaSirayeli; kutheni ke ngoku uyidiliza nje, utshabalalisa isixeko esingunozala kuSirayeli? Ngani ukuba ufune ukucima isixeko esililifa likaNdikhoyo?"

[20]Waphendula uJowabhi wathi: "Hayi, andingeke ndisidilize isixeko senu ndisicime.

[21]Asiyiyo injongo yam leyo. Kukho umfo okuthiwa nguShebha, unyana kaBhikri wakweleentaba kwaEfrayim; nguye oqale olu dushe ngokuvukela ukumkani uDavide. Mkhupheni ngaphandle; ndosiyeka esi sixeko." "Kulungile, intloko yakhe soyijula ngaphandle kodonga," utshilo loo mfazi.

[22]Wabuyela kubemi balapho necebo lakhe, bamnqumla intloko uShebha, bayijula ngaphandle kodonga kuJowabhi. Wasivuthela isigodlo, amadoda akhe ayeka ukusihlasela isixeko, agoduka. Wenjenjeya noJowabhi ukubuyela kukumkani eJerusalem.

Amaphakathi kaDavide

[23]Umphathi-mkhosi wakwaSirayeli yayinguJowabhi. Abalindi bakakumkani uDavide abangamaKreti namaPleti umphathi wabo yayinguBhenaya unyana kaJoyada.

[24]UAdoram yena wayephethe abo benza umsebenzi ngokunyanzelwa; uYoshafati yena, unyana ka-Ahiludi, wayengumgcini-manqaku,

[25]uSheva ingunobhala, ababingeleli inguZadoki noAbhiyatare.

[26] e Ira, da cidade de Jair, também ministrava como um dos sacerdotes na corte de Davi.

2 Samuel 21

Fome em Israel e a sua causa

[1] Durante o reinado de Davi houve um período de fome que durou três anos consecutivos. Então Davi buscou o conselho de Yahweh, que lhe disse: "A fome veio por causa da atitude de Saul e de sua família sanguinária, por terem assassinado os gibeonitas!"

[2] Então o rei convocou os gibeonitas e falou com eles. Ora, os gibeonitas não eram da descendência de Israel, mas remanescentes dos amorreus; e os israelitas haviam estabelecido uma aliança de paz com eles. Todavia Saul, no seu zelo por Israel e Judá, procurou exterminá-los.

[3] Davi indagou os gibeonitas: "Que quereis que eu vos faça? Como poderei reparar o erro cometido, para que abençoeis a herança de Yahweh?"

[4] Os gibeonitas responderam: "Não se trata de um caso de prata nem de ouro entre nós e Saul e a sua família. Tampouco é assunto que se resolva para nós por meio de um homem que deva ser morto em Israel!" Replicou-lhes Davi: "Eu vos compreendo. O que disserdes, eu vo-lo farei!"

[5] Então os gibeonitas solicitaram ao rei: "Aquele homem aniquilou a nossa gente e planejou destruir-nos a todos, a fim de que não mais existíssemos em todo o território de Israel!

[6] Que nos sejam entregues sete dos seus descendentes, e nós os executemos perante

[26]UIra waseJayire wayengomnye wababingeleli bakaDavide.

2 Kasamweli 21

Ukubulawa kwenzala kaSawule

[1]Kwabakho indlala enkulu eyathatha iminyaka emithathu ngexesha kulawula uDavide. UDavide wafuna ukuqonda kuNdikhoyo, waza uNdikhoyo wathi: "Kungenxa kaSawule nokuphalaza kwendlu yakhe igazi mhla wababulalayo abantu baseGibheyon."

[2]Abantu baseGibheyon bebengengawo amaSirayeli. Babeliqaqobana lama-Amori awathenjiswa ukukhuselwa ngamaSirayeli, kodwa uSawule walinga ukuwatshabalalisa, kuba etshiseka ngenxa yenkqubela yamaSirayeli namaJuda. UDavide ke wawabiza amaGibheyon,

[3]waza wathi kuwo: "Ngaba nifuna ndinenzele ntoni? Ndinganixolisa njani ukuze nilithamsanqelise ilifa likaNdikhoyo?"

[4]Athi ukuphendula amaGibheyon: "Imbambano yethu noSawule nomzi wakhe ayinakuze ilungiswe ngegolide nesiliva, yaye asizimiselanga ukukhupha isixhiba ngokubulala namnye umSirayeli." Yena wathi: "Ke nifuna ndinenzele ntoni?"

[5]Athi kukumkani: "Indoda eyasitshabalalisayo, iceba ukusicima igama kwimida yakwaSirayeli,

[6]masinikwe amadoda abe sixhenxe kwinzala yayo, aye kuxhonywa phambi

Yahweh, na cidade de Gibeá de Saul, no alto no monte de Yahweh!”

koNdikhoyo eGibheya, isixeko sikaSawule ukumkani owatyunjwa nguNdikhoyo.” Ukumkani wathi: “Kulungile, ndiza kunikhululela.”

7 O rei poupou, no entanto, a Mefibosete, filho de Jônatas e neto de Saul, por causa do juramento de lealdade feito perante Yahweh entre Davi e Jônatas, filho de Saul.

7 UDavide wamsindisa uMefibhoshete, unyana kaJonatan unyana kaSawule, ngenxa yesifungo awasenza kunye noJonatan phambi koNdikhoyo.

8 Todavia, o rei mandou buscar Armoni e Mefibosete, os dois filhos que Rispa, filha de Aiá, tinha dado a Saul. Com eles também os cinco filhos de Merabe, filha de Saul, tinha dado a Adriel, filho de Barzilai, de Meolá.

8 Kodwa ke wakhupha uArmoni kunye noMefibhoshete, oonyana ababini bakaRizpa intombi ka-Aya eyabazalela uSawule, kunye noonyana abahlanu bentombi kaSawule uMerabhi eyabazalela uAdriyeli unyana kaBhazilayi waseMehola,

9 E entregou-os nas mãos dos gibeonitas, e estes os enforcaram no alto do monte, diante de Yahweh. Os sete foram mortos ao mesmo tempo, nos primeiros dias da colheita da cevada.

9 wabanikela esandleni sabantu baseGibheyon. Bona baya kubaxhoma entabeni ngaphambi koNdikhoyo. Bafa bonke ngaxesha-nye. Ukufa kwabo kwakungexesha lokuqalisa ukuvuna, ekuqaleni kokuvunwa kwerhasi.

10 Então Ritspa bat Aia, Rispa filha de Aiá, tomou um pano grosseiro e o estendeu sobre si, como abrigo, no alto de uma rocha. Desde o início da colheita até cair chuva do céu sobre os corpos, ela cuidou para que as aves de rapina não os tocassem de dia, e os protegeu contra o assalto dos animais selvagens à noite.

10 Emva koko uRizpa intombi ka-Aya wazenzela indlu yamarhonya kwelo litye babefele kulo, wahlala apho ukususela ngexesha lokuvuna kwada kwalixesha leemvula. Emini wayedla ngokugxotha amaxhalanga, aze ngokuhlwa agxothe amarhamncwa afuna ukudla ezo zidumbu.

11 Quando Davi tomou conhecimento do que Rispa, filha de Aiá, concubina de Saul, havia feito,

11 Wathi uDavide, zakufika kuye ezo ndaba zento eyenziwa nguRizpa iqadi likaSawule,

12 Então Davi foi pedir os ossos de Saul e os de Jônatas, seu filho, aos representantes dos cidadãos de Jabes-Gileade. Eles haviam roubado os ossos da praça de Bete-Seã, onde os filisteus os tinham pendurado, no dia em que mataram Saul no monte Gilboa.

12 waya kuthatha amathambo kaSawule noJonatan kubantu baseJabheshe eGiliyadi. (Babewabe endaweni yembutho yaseBhete-shan apho yayixhonywe khona imizimba yabo ngamhla amaFilistiya abulala uSawule kwintaba iGilibhowa.)

13 Davi tirou dali os ossos de Saul e os de seu filho Jônatas, e os juntou aos dos que tinham sido enforcados.
14 Então sepultaram os ossos de Saul, os de seu filho Jônatas e os dos que tinham sido executados, na terra de Benjamim, em Sela, no túmulo de Quis, o pai de Saul, na cidade de Zela, no território da tribo de Benjamim. Tudo o que o rei mandou foi feito de acordo com a sua vontade. E depois disso Deus se compadeceu do povo e respondeu as orações em favor da terra de Israel.

Quatro guerras contra os filisteus

15 Houve ainda uma outra guerra dos filisteus contra Israel. E o rei Davi desceu com sua guarda. Combateram os filisteus e Davi ficou exausto.

16 Ora, havia um grande guerreiro, conhecido como Ishbi, de Nov, Isbi-Benobe, um dos descendentes dos gigantes de Rafa, que prometera matar Davi. A ponta de bronze da lança de Isbi-Benobe pesava cerca de quatro quilos, e, além disso, ele estava armado com uma grande espada nova.
17 Entretanto, Abisai, cuja mãe era Zeruia, socorreu Davi, atacou o gigante filisteu e o matou. Então os soldados de Davi lhe fizeram a seguinte promessa: “Nunca mais irás conosco à guerra, para que não apagues a nossa esperança, a gloriosa lâmpada de Israel!”
18 Mais tarde ocorreu ainda outra batalha contra os filisteus, em Gobe. Naquela ocasião Sibecai, da cidade de Husate, matou também um gigante, filho de Rafa, chamado Safe.

13Wemka nawo uDavide amathambo kaSawule noJonatan kwakunye nawabo basixhenxe babexhonywe apho.

14Bawafaka engcwabeni likaKishe uyise kaSawule amathambo kaSawule noJonatan eZela kummandla wakwaBhenjamin njengokomthetho kakumkani. Emva koko uThixo wayiva imithandazo yabo bethandazela ilizwe.

Amadabi kunye neengxilimbela zamaFilistiya
(1 Gan 20:4-8)

15Kwavuka enye imfazwe phakathi kwamaFilistiya namaSirayeli, wanduluka uDavide waya kulwa namaFilistiya enamadoda akhe. Balwa ke namaFilistiya, waza uDavide wadinwa kakhulu.

16Wasuka uIshbhi-bhenobhi wenzala kaRafa, ephethe umkhonto wobhedu obunzima bungaphezu kweekhilogram ezintathu, enekrele elitsha, wafuna ukubulala uDavide.

17Waza uAbhishayi, unyana kaZeruya, waya kunceda uDavide. Ufike wamhlasela loo mFilistiya, wamosela. Emva koko amadoda kaDavide enza isifungo athi: “Unakanye ukuba uphinde uye edabini kunye nathi, hleze isibane sakwaSirayeli sicinywe.”

18Emva kwelo dabi kwabakho elinye idabi namaFilistiya eGobhi, apho uSibhekayi waseHusha wabulala uSafu wenzala kaRafa.

[19] Ainda em Gobe, noutro embate contra os filisteus, Elanã, filho de Jaaré-Oregim, tecelão Jair, de Belém, matou Lami, o irmão de Golias, de Gate, que possuía uma lança cuja haste parecia uma lançadeira de tecelão.

[20] Houve ainda outra batalha em Gate, e ali vivia um homem muito grande e forte, descendente dos antigos gigantes, que tinha seis dedos em cada mão e em cada pé, vinte e quatro dedos ao todo.

[21] Certo dia ele se levantou e desafiou Israel, mas Jônatas, filho de Simeia, irmão de Davi, o matou.

[22] Esses quatro eram descendentes dos gigantes, filhos de Rafa, em Gate e foram todos mortos por Davi e seus soldados.

2 Samuel 22

Cântico de Davi em ação de graças

[1] Este é o hino que Davi dedicou e cantou a Yahweh, quando o SENHOR o livrou de todos os seus inimigos e das garras de Saul.

[2] Diz o cântico de Davi: "O Senhor é meu penhasco e minha fortaleza, quem me liberta é o meu Deus.

[3] Nele me abrigo: meu rochedo, meu escudo e o poder que me salva, minha torre forte e meu refúgio. Ó meu Salvador! Tu me livras da violência.

[4] Digno é o SENHOR de todo o louvor; eu invoco a Yahweh e sou salvo dos meus inimigos.

[19]Kuphinde kwabakho elinye idabi kunye namaFilistiya kwaseGobhi apho, waza uEl-hanani, unyana kaJayire umluki waseBhetelehem, wabulala khona uGoliyati waseGati owayephethe umkhonto ongangesibonda.

[20]Kubekho elinye idabi eGati, apho kwakukho ingxilimbela eyayikuthanda kunene ukulwa. Yayiyinto eminwe mithandathu kwisandla ngasinye, ineenzwane ezintandathu kunyawo ngalunye, amashumi amabini anesine ukutsho. Nayo yayiyinzala kaRafa.

[21]Yawathuka amaSirayeli, yabulawa nguJonatan unyana kaShama umntakwabo-Davide.

[22]Bobane aba babeyinzala kaRafa eGati. Babulawa nguDavide namadoda akhe.

2 Kasamweli 22

Ingoma kaDavide yoloyiso
(Ndum 18)

[1]UDavide wabhekisa lo mhobe kuNdikhoyo mhla wamkhulula kwiintshaba zakhe nasesandleni sikaSawule.

[2]Wathi: NguNdikhoyo iliwa lam; nguye inqaba yam; nguye umkhuseli wam.

[3]Xa ndizimele ngoThixo wam ndihlala ndikhuselekile. Nguye ikhaka lam; nguye ondigcina ndifihlakele. Nguye inqaba yam ephakamileyo; nguye isikhundla sam sokuzimela. Mhlanguli wam, nguwe ondisindisayo kumadoda anogonyamelo.

[4]Ndithi ndakukhala kuNdikhoyo, asuke andithi hlasi kwiintshaba zam. Ngenene, makabongwe uNdikhoyo!

[5] As cordas da morte me enredaram; as torrentes da destruição me aterrorizaram.
[6] Os laços do inferno me envolveram, e as ciladas da morte me atingiram.
[7] No meu desespero clamei ao SENHOR; gritei por socorro ao meu Deus. Do seu templo. Ele ouviu a minha voz; minhas súplicas chegaram à sua presença e seus ouvidos me deram atenção.
[8] Então, toda a terra estremeceu e agitou-se e os fundamentos dos montes se abalaram; tremeram por causa da ira de Deus.

[9] Das suas narinas subiu fumaça; da sua boca saíram brasas vivas de fogo devorador.

[10] Ele rompeu os céus e desceu; nuvens escuras estavam sob seus pés.

[11] Montou um querubim e voou, deslizando sobre as asas do vento.

[12] Fez das trevas um manto no qual se ocultou; das nuvens escuras, carregadas de água, o abrigo que o envolvia.
[13] Com fulgor da sua presença, as nuvens se desfizeram em granizo e raios,
[14] quando dos céus trovejou o SENHOR e fez ressoar a voz do Altíssimo.

[15] Atirou suas flechas e afugentou meus inimigos, com os seus raios os arrasou.

[16] O fundo do mar apareceu e os alicerces da terra foram expostos por causa da tua serva repreensão, ó SENHOR, com o sopro forte das tuas narinas.
[17] Das alturas estendeu a mão e me agarrou; arrancou-me das águas profundas.

[5]Bendintlithwa ngamaza abulalayo, amaza arhaxayo endigubungele.
[6]Ukufa bekundirhangqile, ingcwaba selivuleke lithe ng'aa.

[7]Ndazibika kuNdikhoyo ndikuloo ngxingongo; ewe, ndabiza kuThixo wam. Wandiva engqendeve kwibhotwe lakhe, savakala kuye isikhalo sam.
[8]Suka wagungqa wanyikima umhlaba, isibhakabhaka sangcangcazela, kuba uThixo wayenomsindo.
[9]Kwathi phoko umsi emathatheni akhe, walephuza amadangatye ngomlomo, kuliqika amalahle avuthayo.
[10]Wasikrazula isibhakabhaka wehla engqendeve phezu kwelifu elimnyama.
[11]Wandanda ngenqwelo yezithunyw' ezimaphiko, itshebeleza ngesantya emoyeni.
[12]Wayethiwe gqume sisithokothoko, kumnyama thsu; engqingwe ziingqimba zamafu anemvula,
[13]kutshawuza imibane ngaphambi kwakhe, kunga kuvutha amalahle.
[14]Wazongoma esibhakabhakeni uNdikhoyo, lavakala ilizwi loPhezukonke.
[15]Wadubula ngeentolo zakhe, zee qhu saa iintshaba, eziswantsulisa ngokugqekreza kwemibane.
[16]Watsho zoma qoko iilwandle, kwatsho kwavela nezisekelo zelizwe, akukhalima yena uNdikhoyo, egragramela iintshaba enomsindo.
[17]Wehla, wandithi hlasi uNdikhoyo, wandihlangula kumanzi enzonzobila.

[18] Livrou-me do meu adversário poderoso, de todos os meus inimigos, muito mais fortes do que eu.

[19] Eles me atacaram no dia da minha infelicidade, mas o SENHOR foi o meu abrigo e protetor.

[20] Ele me concedeu plena libertação; livrou-me por causa do seu amor leal a mim.

[21] O SENHOR me tratou conforme o meu justo coração; conforme a honestidade das minhas mãos, recompensou-me.

[22] Pois tenho andado nos caminhos do SENHOR; não tenho agido como ímpio, afastando-me do meu Deus.

[23] Todos os seus mandamentos estão presentes em meu ser; não me desviei dos seus decretos e preceitos.

[24] Tenho sido irrepreensível para com Ele e não me permiti praticar qualquer mal.

[25] O SENHOR me recompensou segundo a minha justiça, conforme a pureza que seus olhos viram em minhas mãos.

[26] Ao fiel e bondoso te revelas fiel e bondoso, ao irrepreensível te revelas irrepreensível,

[27] ao puro de revelas puro, mas com o perverso reages à altura.

[28] Salvas os pobres e os que são humildes, mas humilhas os soberbos e altivos.

[29] Tu, SENHOR, conservas brilhando a minha luz; o meu Deus transforma em luz as minhas trevas.

[30] Com a tua ajuda posso atacar uma tropa; com o meu Deus posso transpor muralhas.

[31] Este é o Deus cujo caminho é perfeito; a palavra do SENHOR é comprovadamente

[18]Wandihlangula kwiintshaba zam nakwabo bandichasayo, bendivuyelela.

[19]Bandihlasela ndisengxingweni, wandikhusela yena uNdikhoyo.

[20]Wandihlangula ndisengozini, wandisindisa kuba ekholisekile ndim.

[21]Wandivuza uNdikhoyo kuba ndandilungisa; wandithamsanqela kuba ndimsulwa.

[22]Umthetho kaNdikhoyo ndiyawuthobela; andimfulathelanga uThixo wam.

[23]Yonke imiyalelo yakhe ndiyigcinile; andayaphula imithetho yakhe.

[24]Uyandazi ukuba andonanga; ndiyazilumla ekwenzeni ububi.

[25]Ngoko ke uyandivuza kuba ndisenza okulungileyo; uyandivuza kuba akukho sikhwa kum.

[26]Uthembekile, Ndikhoyo, kwabo bathembekileyo; ubenzela ububele abo bandlela zithe tse.

[27]Umsulwa kwabo bamsulwa; uchasene nabo bangamatshijolo.

[28]Ungumsindisi wabathobekileyo, obabone benekratshi ubathobe.

[29]Usisibane sokundikhanyisela, wena Ndikhoyo; nguwe ondigxothela ubumnyama.

[30]Ewe, ngawe ndingawuchitha-chitha nomkhosi, ngamandla akho ndilutsibe nongqameko lwawo.

[31]Hayi bo, zigqibelele izinto azenzayo lo Thixo! Hayi ukuthembeka kwelizwi lakhe!

verdadeira. Deus é um escudo para todos aqueles que nele buscam abrigo.
[32] Pois quem é Deus além do SENHOR? E quem é Rocha a não ser o nosso Deus?
[33] O SENHOR é o Deus que me reveste de poder e faz o meu caminho perfeito.
[34] Torna os meus pés ágeis como os da corça, sustenta-me firme nas alturas.
[35] Exercita minhas mãos para a batalha e fortalece meus braços para vergar o arco de bronze.
[36] Tu me dás o teu escudo da salvação; tua mão direita me garante a vitória; desces ao meu encontro para dignificar-me.
[37] Aplainaste o meu caminho, para que, andando livre, meus tornozelos não se torçam.
[38] Persegui os meus inimigos e os alcancei; e não regressei enquanto não foram destruídos.
[39] Arrasei-os e não conseguiram reerguer-se; morreram debaixo dos meus pés.
[40] Deste-me poder para a batalha; subjugaste os que me traíram e se voltaram contra mim.
[41] Colocaste os meus inimigos em fuga e exterminei os que me odiavam.
[42] Gritaram por salvação, mas não houve quem os livrasse; clamaram até pelo SENHOR, mas Ele não lhes respondeu.
[43] Eu os reduzi a pó, poeira que o vento carrega. Pisei-os como quem pisa na lama das estradas.
[44] Tu me livraste de um povo rebelado; fizeste-me o grande chefe das nações; um povo que não conheci coloca-se ao meu serviço.

Uyabakhusela bonke abo bathembela ngaye.
[32]NguNdikhoyo yedwa uThixo; nguye kuphela osikhuselayo;
[33]ewe, nguThixo oyinqaba yam; nguye oyenza iphumelele indlela yam.
[34]Undicondobisa kuhle njengenxala, andichankcathise emaweni ndingatyibiliki.
[35]Undiqhelisa ukulwa edabini, andifundise ukugoba isaphetha esomeleleyo.
[36]Ndikhoyo, undinike ikhaka lokuhlanganisa; undibonelele ndatsho ndazimaseka.
[37]Undimise endaweni ephangaleleyo; azinakutyibilika kuyo iinyawo zam.
[38]Ndizisukela ndizoyise iintshaba zam; andijiki ndide ndizitshabalalise.
[39]Ndizithi ntshinte-ntshinte zingavuki tu, ziqungquluze apha phambi kwam.
[40]Undinika amandla edabini, undoyisele iintshaba zam.
[41]Ziyandoyika iintshaba zam; abandithiyileyo ndibatshabalalisile.
[42]Ziba ngafuna uncedo zingancedwa bani; ziba ngazibika kuNdikhoyo angaphenduli.
[43]Mna ndizicumza zibe njengothuli, ndizinyhashe okodaka endleleni.
[44]Wena wandihlangula ekuvukelweni ngamawethu, walimisa igunya lam elizweni, ndada ndaphatha nabo bendingabazi.

[45] Assim que me ouvem, me obedecem; são estrangeiros que se curvam a mim.

[46] Todos perderam a coragem; enfraquecidos e apavorados saem dos seus redutos.

[47] O SENHOR vive! Bendita a Rocha da minha vida! Exaltado seja Deus, o meu Salvador!

[48] Este é o Deus que pelo meu bem executou vingança, e que faz as nações me servirem.

[49] Tu me salvaste dos meus inimigos; sim, fizeste-me vencer os meus adversários, e dos meus agressores violentos me livraste.

[50] Por isso, eu te bendirei entre todas as nações, ó SENHOR; cantarei louvores ao teu santo Nome.

[51] Deus dá grandes vitórias ao seu rei; e age por seu Ungido com amor fiel, por Davi e por toda a sua descendência, para sempre.

[45]Ndikhahlelwa nangabasemzini abantu; bayandithobela bakuwuva umthetho wam.

[46]Baphuma kwiinqaba zabo begubha, bephelelwe sisibindi xa bebonke.

[47]Huntshuu! Khul' ud' ukhokhobe, Ndikhoyo! Mawubongwe wena mkhuseli wam, Thixo ongumhlanguli wam!

[48]Wena undoyisela iintshaba zam; wena ugoba iintlanga zindikhahlele;

[49]wena undihlangula kwabandichasayo! Ewe, undoyisele iintshaba zam, wandikhusela kubaphalazi-gazi.

[50]Ngoko ke ndiya kukubonga phakathi kwezizwe, ndityibele ndivuma umbongo wakho, Ndikhoyo.

[51]NguThixo omnika uloyiso ukumkani, amenzele izibele umthanjiswa wakhe, uDavide nayo yonke inzala yakhe kude kuse ephakadeni.

2 Samuel 23

As últimas palavras de Davi

[1] Foram estas as últimas palavras de Davi: “Oráculo de David ben Ishai, Davi filho de Jessé; diz o homem que foi exaltado, o ungido do Deus de Jacó, o amado salmista de Israel:

[2] O Espírito de Yahweh falou por meu intermédio; sua Palavra esteve em minha língua.

[3] O Deus de Jacó comunicou sua vontade, a Rocha de Israel me revelou: ‘Quem governa o povo com justiça, quem governa as gentes sob o temor de Deus,

[4] é como a luz da alvorada ao nascer do sol, num amanhecer sem nuvens. É como os

2 Kasamweli 23

Umyolelo kaDavide

[1]Nanku ke umyolelo kaDavide: Utsho uDavide unyana kaJese, itsho indoda eyaphakanyiselwa phezulu, umthanjiswa kaThixo kaYakobi, iciko leengoma kwaSirayeli.

[2]UMoya kaNdikhoyo uthetha ngomlomo wam; ilizwi lakhe lisencakameni yolwimi lwam.

[3]Uthethile uThixo kaSirayeli; iliwa lokhuselo likaSirayeli libhekise kum lathi: “Lowo kumkani ulawula ngobulungisa, lowo ulawula esoyika uThixo,

[4]uqaqamba ngokwelanga ngomsobomvu ngentsasa engenamafu, lona liqaqambis'

primeiros raios de sol depois da chuva, que faz crescer as plantas da terra.'

5 Sim, a minha dinastia está em perfeita harmonia com Deus. Ele estabelece uma aliança eterna comigo, firmada e garantida em todos os ângulos. Sem dúvida me conduzirá ao sucesso em tudo e me proporcionará todos os desejos do meu coração.

6 No entanto, os perversos serão cortados e lançados fora como espinhos, que não são reunidos com as mãos;

7 quem os deseja tocar faz uso de alguma ferramenta de ferro ou o cabo de madeira da lança. Os espinhos serão todos completamente queimados onde quer que estejam!"

Os trinta e sete valentes que Davi teve

8 Estes, pois, são os nomes dos principais guerreiros de Davi: Josebe-Bassebete, o taquemonita. Este foi o líder do conhecido grupo "Os Três", e armado apenas de sua lança enfrentou oitocentos inimigos e os matou numa batalha.

9 Depois dele Elazar ben Dodo, Eleazar filho de Dodô, neto de Ahohi, Aoí, um dos três guerreiros que estavam com Davi quando desafiaram os filisteus, que haviam se juntado para a guerra, enquanto o povo de Israel se retirava.

10 Ele manteve-se firme e lutou bravamente contra os filisteus até que sua mão adormeceu e ficou grudada à espada. Naquele dia, Yahweh operou portentosa vitória, e o exército retornou para onde Eleazar estava, mas somente para se apoderar dos despojos de guerra.

umhlaba emva kwemvula, lintshulise ingca emhlabeni."

5UThixo ukuzinzisile ukulawula kwenzala yam, kub' undenzel' umnqophis' ongasoz' ujike, umnqophis' ongayi kwaphulwa, dinga elingagugiyo. Uya kuluphumelelisa usindiso lwam, awufezekise wonke umnqweno wam.

6Kodwa amatshijolo ngamev' alahliweyo; ziinkuni ezingathezwayo ngokuhlaba.

7Wona abanjwa ngesixhobo sentsimbi, okanye atyhalwe ngomphini womkhonto, atshiselwe kuloo ndawo akuyo.

Amagorha kaDavide

(1 Gan 11:10-41)

8Ngawo la amagama amagorha omkhosi kaDavide: nguYoshebhe-bhashebhete waseTakemon kuqala, owayeyinkokheli yamagorha amathathu. Walwa namakhulu asibhozo amadoda eyedwa, wawabulala onke ngomkhonto wakhe kwidabi elinye.

9Olandelayo nguElazare unyana kaDodo umAhoyi. Engomnye wamagorha amathathu nje, yena wayekunye noDavide xa bacela umngeni kumaFilistiya awayeze edabini. Abuya umva amaSirayeli,

10kodwa yena wangena kuwo amaFilistiya, wabetha sada isandla sakhe sagogeka yinkantsi, watsho akabi nako ukuliyeka ikrele lakhe. UNdikhoyo watshatshela edabini loo mini. Igalelo labalandeli bakaElazare kwelo dabi yaba kukuthimba impahla yabawileyo.

[11] Depois dele, Samá, filho de Agé, de Harar. Os filisteus reuniram-se em Lei, onde havia um terreno todo plantado com lentilhas, e as tropas israelenses fugiram dos filisteus.
[12] Contudo, Samá ficou no meio daquela plantação, defendeu-a e massacrou os filisteus, e Yahweh concedeu-lhe uma grande vitória.

[13] Quando estava chegando o tempo da colheita, três chefes do conhecido batalhão "Os Trinta", desceram até a caverna de Adulão, onde Davi estava refugiado, enquanto um bando de filisteus acampava no chamado Vale de Refaim, dos Gigantes.

[14] Nessa época Davi se encontrava em seu refúgio forte, e um grupo de filisteus estava na cidade de Belém.
[15] E Davi expressou assim seu grande desejo: "Quem me dera beber um pouco d'água que brota da cisterna que está junto à porta de Belém!"
[16] Então aqueles três valentes romperam pelo acampamento dos filisteus, tiraram água do poço que fica próximo à porta da cidade de Belém e levaram-na a Davi. Entretanto, ele preferiu não bebê-la, mas derramou-a como libação, uma oferta diante de Yahweh; e declarou:
[17] "Que me livre Yahweh de beber desta água! Seria como beber o sangue dos amigos que arriscaram a vida para trazê-la a mim!" E, por esse motivo, Davi recusou-se a beber daquela água. Foram esses, portanto, os feitos dos três guerreiros conhecidos como "Os Três".

[11]Olandelayo nguShama unyana ka-Age waseHarari. Waqubisana namaFilistiya eLehi ngasentsimini yeentlumayo. Abaleka amaSirayeli,

[12]wema yena uShama, walwa ekhusela loo ntsimi, afa amaFilistiya, watshatshela uNdikhoyo.

[13]Kwakha kwathi kanye xa kusondela ixesha lokuvuna, kwasuka isithathu kuloo madoda angamashumi amathathu aziintloko zomkhosi kaDavide, saya kuye kumqolomba waseAdulam, lo gama wona umkhosi wamaFilistiya umise ngakwintili yamaRafa.

[14]Ngelo xesha uDavide wayesezintabeni kwindawo enqabileyo, kukho ibutho lamaFilistiya eBhetelehem.
[15]UDavide wanxanwa, waza wathi: "Akwaba bekungakho mntu undiphathela amanzi kwelaa qula lingasesangweni eBhetelehem."
[16]Loo magorha mathathu ke atyhoboza apho kuloo maFilistiya, aya kukha amanzi apho kwelo qula lingasesangweni eBhetelehem, abuya nawo, awanika uDavide. Kambe ke uDavide wala ukuwasela, ndaweni yaloo nto wawachitha, esenza umnikelo ngawo kuNdikhoyo, esithi:

[17]"Andinakuze ndiwasele la manzi, Ndikhoyo. Loo nto ingafana nqwa nokusela igazi lala madoda abubeke esichengeni ubomi bawo." UDavide wala ukuwasela loo manzi. Zazinjalo ke izigigaba zaloo magorha mathathu.

[18] Abisai, irmão de Joabe e filho de Zeruia, era o chefe do Batalhão dos Trinta. Certa ocasião, com sua lança matou trezentos soldados, tornando-se tão famoso quanto "Os Três".

[18]UAbhishayi, umntakwabo-Jowabhi, onina unguZeruya, yayinguye inkokheli yamashumi amathathu amagorha. Yena ngomkhonto wakhe walwa namadoda angamakhulu amathathu, wawabulala, watsho wabalasela njengaloo magorha mathathu.

[19] Ele foi mais notável que todo o Batalhão dos Trinta e tornou-se o chefe do grupo. Mas nunca chegou a ser tão famoso quanto "Os Três".

[19]Ewe, waba yimbalasane njengaloo magorha mathathu, waba yinkokheli yelo qela lingamashumi amathathu, noxa engabandakanywanga kuloo magorha mathathu.

[20] Benaia, filho de Joiada, era um valoroso soldado, que realizou grandes feitos de coragem e lealdade. Matou dois dos melhores guerreiros de Moabe e, no tempo da neve, desceu numa caverna e matou um leão.

[20]Enye indoda eyayitshatshele ngemisebenzi yobugorha nguBhenaya unyana kaJoyada waseKabhezeli. Yena wabulala iintshatsheli zamaMowabhi ezimbini. Kwakhona ngemini ekwakukhithika ngayo waya kungena emhadini, wabulala khona ingonyama.

[21] Matou também um egípcio, homem alto e forte. Ele tinha uma lança na mão, mas Benaia o atacou com um cajado, arrancou-lhe a lança das mãos e o liquidou com sua própria arma.

[21]Wabulala nesigantsontso somJiputa ophethe umkhonto. UBhenaya wamgqebha ngebhunguza, hlasi loo mkhonto, wamgwaza kwangawo loo mJiputa.

[22] Essas, pois, foram as grandes realizações de Benaia, filho de Joiada, que também foi considerado entre os famosos como "Os Três" principais guerreiros de Davi.

[22]Zazinjalo ke izigigaba zikaBhenaya unyana kaJoyada; naye wayedume njengaloo magorha mathathu.

[23] Recebeu mais honras e homenagens do que qualquer dos soldados do grupo dos "Trinta", contudo jamais igualou-se aos "Três". Mas Davi lhe confiou o comando da sua guarda pessoal.

[23]Wayebalasele phakathi kwaloo magorha angamashumi amathathu, kodwa wayengabandakanywanga kuloo magorha mathathu. UDavide wamenza inkokheli yabalindi bokumkani.

[24] Entre "Os Trinta" eram contados: Asael, irmão de Joabe; Elanã, filho de Dodô, de Belém;

[24]Kuloo magorha angamashumi amathathu kwakukho aba: YayinguAsayeli umntakwabo-Jowabhi, uEl-hanani unyana kaDodo waseBhetelehem,

[25] Samá e Elica, de Harode;

[26] Helez, de Pelete; Ira, filho de Iques, de Tecoa;

[27] Abiezer, de Anatote; Mebunai, de Husate;

[28] Zalmom, de Aoí; Maarai, de Netofate;

[29] Helebe, filho de Baaná, de Netofate; Itai, filho de Ribai, de Gibeá de Benjamim;

[30] Benaia, de Piratom; Hidai, dos ribeiros de Gaás;

[31] Avi-Alvon, o arvatita; Azmavete, de Baurim;

[32] Eliaba, de Saalbom; os filhos de Jasém; Jônatas,

[33] filho de Shama, o hararita;

[34] Elifelete, filho de Aasbai, de Maaca; Eliã, filho de Aitofel, o guilonita;

[35] Hezrai, de Carmelo; Paarai, de Arabe;

[36] Igal, filho de Natã, de Zobá; o filho de Hagadi;

[37] Zeleque, de Amom; Naarai, de Beerote, o escudeiro de Ioav ben Tseruiá, Joabe filho de Zeruia;

[38] Ira e Garebe, de Jatir,

[39] e o hitita Urias. Houve, portanto, trinta e sete guerreiros famosos ao todo.

2 Samuel 24

A numeração do povo e o castigo que Deus enviou

[25]uShama waseHarodi, uElikana waseHarodi,

[26]uHeleze wasePeleti, kunye noIra unyana kaIkeshe waseTekowa.

[27]Wayelapho uAbhiyezere waseAnatoti, noMebhunayi waseHusha,

[28]uZalmon waseAhoyi, kwakunye noMaharayi waseNetofa,

[29]uHelebhe unyana kaBhana waseNetofa, noItayi unyana kaRibhayi waseGibheya kwaBhenjamin.

[30]Wayelapho uBhenaya wasePiraton, uHidayi wamaxandeka aseGahashe,

[31]kunye noAbhiyalebhon waseBhete-arabha, uAzemavete waseBhawurim,

[32]noEliyabha waseShalebhon. Zazilapho iinto zikaYashene, noJonatan

[33]unyana kaShama waseHarari, kunye noAhiyam unyana kaSharare waseHarari,

[34]uElifelete, unyana ka-Ahasebhayi waseMahaka, uEliyam unyana ka-Ahitofele waseGilo,

[35]uHezero waseKarmele, uParayi waseArbhi,

[36]uIgali unyana kaNatan waseZobha, uBhani wakwaGadi,

[37]uZeleki umAmon, noNaharayi waseBheroti umphathi-zikrweqe zikaJowabhi, unyana kaZeruya.

[38]Wayelapho uIra waseItri, noGarebhe waseItri,

[39]kunye noUriya umHeti. Babengamashumi mathathu anesixhenxe xa bebonke.

2 Kasamweli 24

UDavide wenza ubalo

(1 Gan 21:1-27)

[1] Então, mais uma vez irou-se Yahweh contra Israel e moveu Davi a punir o povo ordenando: “Vai agora e faz a contagem completa do povo de Israel e de Judá!”
[2] E acrescentou o rei a Joabe, comandante do exército, que estava com ele: “Percorrei, pois, todas as tribos de Israel, de Dã a Berseba, e fazei o recenseamento de toda a população, a fim de que eu saiba exatamente quantos somos!”

[3] E Joabe respondeu ao rei: “Multiplique Yahweh teu Deus o povo cem vezes mais do que é agora, de sorte que os olhos do senhor meu rei o contemplem, mas por que teria o senhor meu rei tal desejo?”

[4] Entretanto, a palavra do rei prevaleceu sobre o questionamento de Joabe e sobre a ponderação dos comandantes do exército. Então Joabe e os comandantes do exército saíram da presença do rei com o objetivo de realizar a contagem de todo o povo de Israel.

[5] E atravessando o rio Jordão, deram início ao censo em Aroer, ao sul da cidade, no vale; depois partiram para Gade e de lá para Jazar,

[6] Gileade e à terra de Tahtim-Hodst, a Nova Cades dos hititas, chegaram a Iaan em Dã e às cercanias de Sidom.
[7] Dali seguiram rumo a fortaleza de Tsor, Tiro e de todas as cidades dos heveus e dos cananeus. E, por último, foram até Beer-Shéva, Berseba, na região sul de Judá, o Neguebe.

[1]Wabuya wavutha umsindo kaNdikhoyo ngakumaSirayeli, waza waxhokonxa uDavide ukuchasana nawo, esithi: “Yiya uwabale amaSirayeli namaJuda.”

[2]UDavide ukumkani uyalele uJowabhi umphathi-mkhosi owayekunye naye, wathi: “Zibale zonke izizwe zakwaSirayeli, ukususela kwaDan kuse eBheshebha, khon' ukuze ndilazi inani labantu.”

[3]Ke yena uJowabhi wathi kukumkani: “Ngamana uNdikhoyo uThixo wakho wabandisa kalikhulu abantu, aze amehlo enkosi yam ukumkani ayibone loo nto. Kodwa ke, nkosi yam mhlekazi, ngani ukuba ufune ukwenza into enje?”

[4]Kambe ke ilizwi likakumkani laboyisa ooJowabhi nabaphathi-mkhosi, baza ke bahamba bamshiya ukumkani, baya kubala uluntu lwakwaSirayeli.

[5]Bawuwela umlambo iJordan, baya kuqalisa emazantsi eArohere kwisixeko esasisembindini wentlambo kummandla wakwaGati. Besuka apho baya emantla weYazere,
[6]bedlulela eGiliyadi nakummandla waseTatim-hodeshe, baya kutsho kwaDan-yahan, benjenjeya ukusa eSidon.
[7]Besuka apho bajonga emazantsi kwidolophu yaseTire eyayinqatyisiwe, baya badlulela nakuzo zonke iidolophu zamaHivi namaKanana, baya kugqibela ngeBheshebha ekumzantsi welakwaJuda.

[8] Tendo percorrido toda a terra, retornaram a Jerusalém ao final de nove meses e vinte dias.

[9] Então Joabe apresentou ao rei o número obtido pelo recenseamento do povo: Israel contava naquela ocasião com oitocentos mil homens capazes para o serviço militar, e em Judá, mais quinhentos mil soldados.

[10] Depois de contar o povo o coração de Davi sentiu remorso e confessou a Yahweh: "Cometi um grave pecado! Agora, ó Yahweh, perdoa este erro do teu servo, porque tomei uma atitude absolutamente insensata!"

[11] Quando, ao raiar da manhã, Davi se levantou, o SENHOR já havia comunicado a Gade, o vidente e profeta a serviço de Davi, esta Palavra:

[12] "Vai dizer a Davi: Assim diz Yahweh: Eu te ofereço três opções de castigo; escolhe uma delas, e Eu a executarei em punição por tua falta!"

[13] Então Gade correu à presença de Davi e lhe declarou: "Que preferes que te aconteça: que três anos de fome caiam sobre a tua terra; que caminhes três anos fugindo de teus inimigos que te perseguirão implacavelmente, ou três dias de praga sobre tua terra e teu povo? Reflete bem e decide que resposta devo apresentar diante daquele que me enviou!"

[14] Davi respondeu a Gade: "Eis que é grande a minha angústia! Prefiro cair nas mãos de Yahweh, porquanto enorme é sua

[8]Babuyela eJerusalem emva kweenyanga ezilithoba namashumi amabini eentsuku, sele belityhutyhile lonke elo lizwe.

[9]UJowabhi ke wamchazela ukumkani inani lamadoda akulungeleyo ukubhaliswa emkhosini. KwaSirayeli yaba ngamakhulu asibhozo amawaka amadoda akwaziyo ukusebenzisa ikrele, kwaza kwaJuda yaba ngamakhulu amahlanu amawaka.

[10]Kusuke kwathi akuba elwenzile olo balo uDavide wangenwa kukuba nomva-ndedwa. Waza ke wazibika kuNdikhoyo wathi: "Ndenze into embi gqitha ngesi senzo, Ndikhoyo. Ngoko ke ndiyakubongoza, bususe ubutyala bam, mna sicaka sakho. Ndenze into yobutyhakala."

[11]Ekuvukeni kukaDavide ngentsasa elandelayo ilizwi likaNdikhoyo laliselifikile kumshumayeli uGadi, imboni kaDavide, lisithi:

[12]"Hamba uye kuthi kuDavide: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndikubekela izinto ezintathu. Khetha ibe nye kuzo, ndize ke mna ndikwenze loo nto.' "

[13]UGadi ke waya kuDavide, wafika wamxelela esithi: "Khetha phakathi kweminyaka esixhenxe yendlala ezweni lakho, okanye iinyanga ezintathu ubalekana neentshaba zakho xa zona zikusukela, okanye iintsuku ezintathu kukho isibetho sikabhubhani ezweni lakho. Cingisisa ugqibe, undinike impendulo emandiyise kulowo undithumileyo."

[14]UDavide waphendula wathi kuGadi: "Ndisengxakini enkulu. Kodwa ke kubhetele siwele ezandleni zikaNdikhoyo, kuba inkulu

misericórdia, a ficar a mercê do castigo dos homens!"

15 Sendo assim, o SENHOR mandou a praga sobre todo o Israel, desde a manhã até o tempo determinado; e morreram setenta mil homens da população, desde Dã a Berseba, do norte ao sul da nação.

16 Quando o Anjo estendeu a mão para destruir Jerusalém, Yahweh, condoído, decidiu suspender sua punição ao povo, e ordenou ao Anjo que estava destruindo a população: "Basta! Retira a tua mão agora!" Naquele momento o Anjo do SENHOR estava próximo da eira, o terreiro de malhar cereais, que pertencia Araúna, o jebuseu.

17 Ao contemplar o Anjo que estava matando o povo de Israel, exclamou Davi a Yahweh: "Fui eu quem pecou! Só eu sou o culpado de iniquidade! Estas pessoas não passam de ovelhas, que mal fizeram? Venha, pois, sobre a mim a teu castigo e sobre a minha família a tua correção!"

18 Nesse mesmo dia, veio Gade à presença de Davi e lhe orientou: "Sobe e ergue um altar a Yahweh na eira de Araúna, o jebuseu!"

19 Sem demora subiu Davi segundo as instruções de Gade, como Yahweh lhe ordenara.

20 Assim que Araúna viu o rei e seus soldados dirigindo-se ao seu encontro, saiu e prostrou-se perante o rei, rosto rente ao chão,

inceba yakhe. Ewe, andikunqweneli ukuwela ezandleni zabantu."

15Ngoko ke uNdikhoyo wathumela isibetho sikabhubhani kwaSirayeli. Saqalisa kwangentsasa yangaloo mini, kwada kwaya kutsho kwelaa xesha wayelimisele. Kwafa amashumi asixhenxe amawaka abantu ukusukela kwaDan kuye kutsho eBheshebha.

16Kwathi xa isithunywa sikaNdikhoyo sasisolula isandla siza kutshabalalisa iJerusalem, uNdikhoyo wazijika iimbono zakhe ngenxa yaloo ntlekele, waza wathi kwisithunywa esasitshabalalisa abantu: "Kwanele! Sirhoxise isandla sakho." Oku kwenzeke xa kanye isithunywa sasingakwisanda sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

17Akusibona uDavide eso sithunywa sasibhubhisa abantu, wathi kuNdikhoyo: "Ndim owonileyo wenza ubugwenxa. Aba bantu bona banjengeegusha; akukho nto bayenzileyo. Isandla sakho masohlwaywe mna kunye nomzi kabawo."

UDavide wakha iqonga lamadini

18Kwangaloo mini uGadi waya kuDavide, wathi kuye: "Hamba uye kwakhela uNdikhoyo iqonga lamadini esandeni sokubhula sika-Aravena umJebhusi."

19Ngoko ke uDavide waya wayenza loo nto ayiyalelwe nguGadi ngokomlomo kaNdikhoyo.

20Wathi akukhangela uAravena, wabona ukumkani esiza kuye ehamba namaphakathi akhe. Waphuma uAravena,

[21] e declarou: “O que desejas, meu senhor e rei, de teu servo?” E Davi respondeu: “Adquirir de ti este terreiro e edificar nele um altar no meio da minha gente!”

[22] Então declarou Araúna a Davi: “Que o senhor meu rei a tome para si sem pagamento e a ofereça em sacrifício como te aprouver! Eis aqui também os bois para o holocausto, o sacrifício totalmente queimado, e o debulhador e o jugo dos bois a lenha.

[23] O servo do senhor meu rei tudo entrega de boa vontade ao rei!” E concluiu Araúna: “Que Yahweh, o teu Deus, aceite a tua oferta!”

[24] Contudo, o rei replicou a Araúna: “Não! Eu faço questão de comprar tua eira por preço justo, pois não quero oferecer a Yahweh meu Deus holocaustos que não me custem nada!” E Davi pagou pela aquisição do terreiro e dos bois: cinquenta peças de prata.

[25] Davi construiu ali um altar a Yahweh e lhe ofertou holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão. Em seguida Yahweh demonstrou seu amor leal para com o povo, aceitando as súplicas em favor da terra e extinguiu-se toda a praga que assolava Israel naqueles dias.

wakhahlela ejongise ubuso emhlabeni phambi kokumkani.

[21]Waza uAravena wathi: “Kungani ukuba ukumkani inkosi yam eze kwisicaka sakhe?” Waphendula ukumkani uDavide wathi: “Ndize kuthenga esaa sanda sokubhula sakwakho, ndize ndakhele kuso uNdikhoyo iqonga lamadini, khon' ukuze isibetho sikabhubhani sinqamke ebantwini.”

[22]Wathi uAravena kuDavide: “Inkosi yam ukumkani mayithathe konke okukholekileyo kuyo, yenze idini. Naziya iinkabi zeenkomo zokwenza idini elitshiswayo. Naziya nezileyi zokubhula kunye needyokhwe zokwenziwa iinkuni.

[23]Zonke ezi zinto, mhlekazi, uAravena uzinika ukumkani.” Waza waqhuba uAravena wathi kukumkani: “Ubenga uNdikhoyo uThixo wakho angakwamkela.”
[24]Kambe ke ukumkani uphendule uAravena wathi: “Ngunotshe lowo! Ndiza kulihlawula ixabiso lazo. Andingekhe ndinikele kuNdikhoyo amadini atshiswayo ngento endingadlekanga ngayo.” UDavide wasithenga ke eso sanda sokubhula kunye neenkabi zeenkomo ngexabiso elingamashumi amahlanu eesiliva.

[25]UDavide ke wakhela uNdikhoyo iqonga lamadini apho, waza wenza amadini atshiswayo kunye nawobudlelwana. Wakuva uNdikhoyo ukuthandazelwa kwelizwe, satsho saphela isibetho sikabhubhani kwaSirayeli.

1 Reis

1 Reis 1

A velhice de Davi

1 O rei Davi havia envelhecido, estando já com idade muito avançada; por mais que lhe agasalhassem com cobertas, seu corpo não se aquecia.

2 Sugeriram-lhe então seus servos: "Procure-se para o senhor nosso rei uma jovem virgem que assista o rei e cuide dele: ela dormirá ao seu lado e assim, o senhor nosso rei se aquecerá!"

3 Procuraram, pois, em todo o território de Israel uma jovem bela e acharam Avishag, Abisague, uma sunamita, e a conduziram ao rei.

4 A jovem era sobremaneira formosa e dedicada, cuidava do rei e o servia, mas o rei não teve relação sexual com ela.

5 Ora, Adonias, cuja mãe se chamava Hagite, começou a divulgar: "Sou eu que vou reinar proximamente!" Arranjou para si carro e cavalos, além de cinquenta guardas que corriam diante dele.

6 Seu pai, enquanto viveu, não o repreendeu, questionando: "Por que fazes isso?" Ele era também um homem extraordinário e belo, e havia nascido depois de Absalão.

7 Adonias, pois, entrou em entendimento com Joabe, filho de Zeruia, e com o

1 Yookumkani

1 Yookumkani 1

UDavide ekwaluphaleni kwakhe

1Ngoku ke ukumkani uDavide wayeyindoda eyalupheleyo, iminyaka yakhe seyihambile. Wayekhathazwa kukugodola, kuba wayengafudumali noba selefunjelwe ngeengubo ezininzi.

2Ke kaloku amaphakathi akhe athetha naye athi: "Masikukhangelele intombi nto, mhlekazi, ukuze ikulungiselele ikonge, ilale kufuphi nawe, ufudumale, mhlekazi."

3Behla benyuka ke apho kwaSirayeli, bekhangela loo nzwakazi, bada ke bafumana uAbhishagi umShunemikazi. Bamthatha ke, bamzisa apho kukumkani.

4Intombi le ke yayiyinzwakazi ecikizekileyo. Yamonga ke ukumkani, yamlungiselela, kambe ke yena ukumkani zange ayambathe.

UAdoniya ufuna ubukhosi

5Ke kaloku uAdoniya, unyana kakumkani, onina yayinguHagiti, wazigqatsa wathi: "Ndiza kuba ngukumkani." Wazilungiselela iinqwelo namahashe, kananjalo wandulelwa ngamashumi amahlanu amadoda.

(6Kaloku uyise wayengazanga amngxolise athi kuye: "Uyenzeleni into enje?" Yena wayesalekela uAbhasalom, ibe ke umfo lo eyinzwana.)

7UAdoniya ke wathetha-thethana noJowabhi unyana kaZeruya, kunye

sacerdote Abiatar, que tomaram partido de Adonias e o apoiaram.

[8] Mas o sacerdote Zadoque, Benaia, filho de Joiada, o profeta Natã, Simel, Reí e a guarda especial de Davi não seguiram a Adonias.

[9] Certa vez, quando Adonias imolou ovelhas, bois e bezerros cevados junto à Rocha de Zoelete, nas proximidades de En-Rogel, convidou todos os seus irmãos, os filhos do rei, e todos os homens de Judá que serviam ao rei como conselheiros,

[10] mas não convidou o profeta Natã, nem Benaia, nem os valentes, nem seu irmão Salomão.

[11] Natã questionou então a Bate-Seba, mãe de Salomão: “Não ficaste sabendo que Adonias, filho de Hagite, proclamou-se rei, sem que o nosso senhor Davi fosse comunicado?

[12] Pois então, prestai atenção ao conselho que passo a dar-te, a fim de que salves a tua vida e a de teu filho Salomão:

[13] Vai depressa ter com o rei Davi e indaga-lhe: Senhor, meu rei, porventura não juraste à esta tua serva: ‘Salomão, teu filho, reinará depois de mim e é ele que se sentará no meu trono! Com que autoridade Adonias se denominou rei?’

[14] E enquanto ainda estiveres lá, falando com o rei, entrarei depois de ti e apoiarei as tuas reivindicações” .

noAbhiyatare owayengumbingeleli, baza ke bona bamxhasa.

[8]Ke yena umbingeleli uZadoki, noBhenaya unyana kaJoyada, nomshumayeli uNatan, noShimeyi, noReyi, kunye noolindikhaya bakaDavide, zange bahambisane noAdoniya.

[9]UAdoniya wathatha iigusha neenkomo namathole atyetyisiweyo wenza idini elityeni likaZohelete ngase-En-rogeli. Wabamema bonke abaninawe bakhe, oonyana bakakumkani, nawo onke amadoda akwaJuda angamaphakathi komkhulu.

[10]Kodwa ke wabashiya abashumayeli uNatan noBhenaya noolindikhaya kunye nomninawa wakhe uSolomon.

UNatan noBhashebha bathetha noDavide

[11]UNatan wabuza kuBhashebha unina kaSolomon wathi: “Uvile nje ukuba uAdoniya ozalwa nguHagiti bamenze ukumkani ngaphandle komhlekazi uDavide?

[12]Yiva ke, ndikucebise, ukuze usinde, usindise nobomi bonyana wakho uSolomon.

[13]Yiya kukumkani uDavide, uthi kuye: ‘Mhlekazi, kumkani, kanene wawungafunganga kum wathi: “Ngenene unyana wakho uSolomon woba ngukumkani emva kwam, angene esihlalweni sam”? Ngani ke ngoku kungene uAdoniya abe ngukumkani?’

[14]Ke kaloku uya kuthi usathetha njalo nokumkani, nam ndingene ndikungqinele kuloo nto uyithethayo.”

[15] Então Bate-Seba dirigiu-se aos aposentos do rei, já idoso, onde a virgem de Suném, Abisague zelava por ele.

[16] Bate-Seba se ajoelhou e se prostrou diante do rei, e o rei lhe indagou: "Que desejas?"

[17] Ela prontamente respondeu-lhe: "Meu senhor, juraste à esta tua serva por Yahweh teu Deus: 'Teu filho Salomão reinará depois de mim e é ele que se sentará no meu trono" .

[18] Ora, eis que agora Adonias proclamou-se rei e tu, senhor meu rei, nem ficaste sabendo disso!'

[19] Adonias imolou grande número de bois, bezerros cevados e ovelhas, e convidou todos os filhos do rei, como também o sacerdote Abiatar, e Joabe, general do exército, mas não convidou o teu servo Salomão!

[20] No entanto, é para ti, senhor meu rei, que todo o Israel dirige o seu olhar, para que lhe indiques pessoalmente, quem haverá de sentar-se depois de ti sobre o trono que te pertence, ó meu senhor e rei.

[21] De outro modo, assim que o rei, meu senhor, descansar na companhia de seus antepassados, eu e o teu filho Salomão seremos julgados e tratados como traidores!"

[22] Ela ainda estava argumentando com o rei, quando chegou o profeta Natã.

[15]Ngenene ke wangena uBhashebha, waya kuyibona ingwevu leyo ingukumkani, isegumbini layo lokulala, apho yayihleli noAbhishagi umShunemikazi eyilungiselela.

[16]UBhashebha wavova, waguqa phambi kokumkani. Ukumkani wathi: "Kukho nto na uyifunayo?"

[17]Ke kaloku waphendula wathi: "Mhlekazi, andithi kanene nguwe ngokwakho owafungayo apha kum, mna sicakazana sakho, wabhambathisa ngoNdikhoyo uThixo wakho usithi: 'USolomon unyana wakho uya kuba ngukumkani esikhundleni sam, angene esihlalweni sam'?

[18]Kodwa ke ngoku nanko uAdoniya engukumkani ngaphandle kwakho, mhlekazi kumkani, wena ungazi nto ngaloo nto.

[19]Wenze idini ngentaphane yeenkomo, amathole atyetyisiweyo, neegusha. Futhi ubamemile noonyana bakho, kunye nombingeleli uAbhiyatare nenjengele yomkhosi uJowabhi. Kambe ke akammemanga uSolomon isicaka sakho.

[20]Kambe ke, mhlekazi kumkani, uSirayeli ewonke ujonge kuwe, ulindele ukuva ngawe ukuba ngubani na oza kungena ahlale esikhundleni sakho emva kwakho.

[21]Kungenjalo ke, mhlekazi, uya kuthi nje ukuba ufe ulaliswe nooyihlo, mna nonyana wam uSolomon siphathwe njengabangcatshi."

[22]Uthe esathetha nokumkani njalo, wagaleleka umshumayeli uNatan.

[23] E anunciaram ao rei: "O profeta Natã deseja ver o rei!" Ele se aproximou do rei e se prostrou diante dele, com o rosto em terra.

[24] Então declarou Natã: " Senhor meu rei, acaso afirmaste: 'Adonias reinará depois de mim e sentar-se-á no meu trono.'?

[25] Porquanto ele desceu hoje para imolar grande quantidade de bois, bezerros cevados e ovelhas, tendo convocado todos os filhos do rei, os oficiais do exército, e exclamou: 'Viva o rei Adonias!'

[26] Mas não convidou a mim, teu servo, nem o sacerdote Zadoque, nem Benaia, filho de Joiada, nem teu servo Salomão.

[27] Porventura isto aconteceu por ordem do senhor meu rei, sem que tenhas informado a teus servos mais próximos quem sucederia no trono ao senhor meu rei?"

[28] Então prontamente o rei Davi ordenou: "Chamai para mim Bate-Seba!" E ela entrou e postou-se em pé diante dele.

[29] Em seguida proferiu o rei um juramento: "Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR, o qual me livrou de todas as adversidades,

[30] que, certamente, ainda hoje mesmo vou executar o que prometi em o Nome do SENHOR, o Deus de Israel. Eis que o meu filho Salomão me sucederá como rei e ocupará o meu trono em meu lugar!"

[23]Waxelelwa ke ukumkani kwathiwa: "Nanku umshumyeli uNatan." Wangena ke, waya kukumkani, wafika wakhahlela, waqubuda ngobuso bakhe emhlabeni.

[24]UNatan wathi: "Ngaba nguwe na, mhlekazi kumkani, othe uAdoniya uya kuba ngukumkani emva kwakho, angene esihlalweni sakho?

[25]Kaloku namhlanje uye kwenza idini ngentaphane yeenkomo, amathole atyetyisiweyo, kunye neegusha. Ubamemile bonke oonyana bakho, iinjengele zomkhosi, nombingeleli uAbhiyatare. Ngoku nâbo besela bemana bedanduluka besithi: 'Khul' ud' ukhokhobe, kumkani Adoniya!'

[26]Phofu ke akammemanga umbingeleli uZadoki, nam sicaka sakho, noBhenaya unyana kaJoyada, kunye noSolomon isicaka sakho.

[27]Mhlekazi kumkani, ingaba nguwe lo wenze into enje ungazazisanga izicaka zakho ukuba ngubani na oya kungena ahlale esikhundleni sakho xa ungasekho?"

UDavide umisela uSolomon

[28]Ukumkani uDavide wathi: "Ndibizeleni uBhashebha." Weza ke, wafika wema phambi kokumkani.

[29]Ke kaloku ukumkani wafunga wathi: "Ekho nje uNdikhoyo, yena owandihlangulayo kuzo zonke iinkathazo,

[30]inene namhlanje ndiza kuyifezekisa into endakufungela yona ngoNdikhoyo uThixo kaSirayeli, ndisithi: 'Unyana wakho uSolomon uya kuba ngukumkani emva kwam, angene esihlalweni sam.' "

[31] No mesmo instante Bate-Seba prostrou-se, com o rosto rente ao chão, e, ajoelhando-se perante o rei, exclamou: “Viva para todo o sempre o rei Davi, meu senhor!”

A velhice de Davi

[32] Logo depois o rei Davi ordenou: “Chamai para mim o sacerdote Zadoque, o profeta Natã e Benaia, filho de Joiada!” Assim que eles se apresentaram ao rei,

[33] ele os orientou, dizendo: “Tomai convosco os conselheiros do vosso rei, fazei com que meu filho Salomão monte sobre minha mula e conduzi-o até Giom.

[34] Ali o sacerdote Zadoque e o profeta Natã o ungirão rei sobre todo o Israel. Nesse momento tocareis o Shofar, a trombeta e bradareis: ‘Viva o rei Salomão!’

[35] Depois tornareis a subir atrás dele e ele virá a sentar-se no meu trono e passará a reinar em meu lugar, pois foi a ele que instituí governante sobre todo Israel e Judá!”

[36] Benaia, filho de Joiada, declarou ao rei: “Amém! Assim seja! E que Yahweh, o Deus do rei, meu senhor, confirme isso.

[37] Assim como Yahweh permaneceu com o rei, meu senhor, de igual modo esteja Ele com Salomão a fim de que ele exerça um reinado ainda mais portentoso que o reinado de meu senhor; o rei Davi!”

[38] Desceram, portanto, o sacerdote Zadoque, o profeta Natã, Benaia, filho de Joiada, os queretitas e os peletitas e convenceram Salomão a montar a mula

[31]UBhashebha wavova, ejonge phantsi, waguqa phambi kokumkani, wathi: “Phil' ud' ukhokhobe, mhlekazi kumkani Davide!”

[32]Ukumkani uDavide wathi: “Ndibizeleni umbingeleli uZadoki, nomshumayeli uNatan, noBhenaya unyana kaJoyada.” Bafika ke phambi kokumkani,

[33]waza wathi kubo: “Thathani amaphakathi am, unyana wam uSolomon nimkhwelise kwimbongolo yam, niye eGihon,

[34]khona apho ke umbingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan bamthambise bammisele abe ngukumkani wakwaSirayeli. Ze nivuthele isigodlo, nidanduluke nithi: ‘Khul' ud' ukhokhobe, kumkani Solomon!’

[35]Emva koko ke ze nibuye naye, aze kungena ahlale esihlalweni sam, alawule endaweni yam. Ndimtyumbile ukuba abe ngukumkani kwaSirayeli nakwaJuda.”

[36]Ke yena uBhenaya unyana kaJoyada wamphendula ukumkani wathi: “Makube njalo! Ngamana watsho noNdikhoyo uThixo wenkosi yam ukumkani!

[37]Njengoko uNdikhoyo wayenenkosi yam ukumkani, ngokunjalo makabe naye uSolomon, ulawulo lwakhe lwande ludlule olwenkosi yam ukumkani uDavide.”

[38]Behla ke, umbingeleli uZadoki, umshumayeli uNatan, uBhenaya unyana kaJoyada, nabalindi abangamaKreti namaPleti, uSolomon bemkhwelise

particular do rei Davi e o escoltaram até Giom.

39 O sacerdote Zadoque apanhou na Tenda o chifre com óleo sagrado e ungiu Salomão. Logo depois tocaram o Shofar, a trombeta e todo o povo bradou: “Viva o rei Salomão!”

40 Em seguida, todo o povo se organizou e subiu atrás dele, tocando flautas e celebrando, com tanta animação que o chão tremia com o barulho da multidão.

41 Adonias e todos os seus convidados foram informados sobre o que estava acontecendo pouco antes de terminarem o banquete que haviam servido. Assim que Joabe ouviu o toque do Shofar indagou assustado: “O que significam esses brados e esse alvoroço na cidade?”

42 Estava ainda a falar quando chegou Jônatas, filho do sacerdote Abiatar, e Adonias o recebeu com estas palavras: “Entra, pois és homem honesto e certamente trazes boas notícias!”

43 Diante disso Jônatas lhe replicou: “De fato; o rei Davi, nosso senhor, acaba de proclamar Salomão rei!

44 O rei mandou junto com ele o sacerdote Zadoque, o profeta Natã, Benaia, filho de Joiada, os queretitas e os peletitas, e eles o fizeram montar a mula particular do rei.

45 A seguir o sacerdote Zadoque e o profeta Natã o ungiram rei junto à fonte de Giom. De lá eles retornaram celebrando e gritando de alegria, e a cidade está sob grande

kwimbongolo kakumkani uDavide, baya naye eGihon.

39Ke kaloku umbingeleli uZadoki waluthatha uphondo lwamafutha awayelufumene esibingelelweni, waza ke wathambisa uSolomon ngaloo mafutha. Bakhalisa isigodlo, baza bonke abantu bakhwaza bathi: “Phil' ud' ukhokhobe, kumkani Solomon!”

40Loo ngginginya yabantu ke yamlandela, ihamba ikhalisa amaxilongo, igcobe kangangokuba isingqi sabo sawunyikimisa umhlaba.

41UAdoniya nâbo wayebamemile bayiva le ntshukumo, xa kanye baliphethayo itheko labo. Akusiva isandi sesigodlo uJowabhi wabuza wathi: “Ngaba yeyantoni le ngxokolo ivakala esixekweni?”

42Esabuza njalo kwathi gqi uJonatan unyana wombingeleli uAbhiyatare. UAdoniya wathi: “Ngena! Umntu ohlonipheke njengawe lo unokuba usiphathele iindaba ezimnandi.”

43UJonatan waphendula wathi kuAdoniya: “Hayi bo! Umhlekazi ukumkani uDavide umisele uSolomon wangukumkani.

44Ukumkani umkhuphe nombingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan, uBhenaya unyana kaJoyada, nabalindi abangamaKreti namaPleti; bamkhwelise kwimbongolo kakumkani.

45Ke umbingeleli uZadoki nomshumayeli uNatan bamthambisele eGihon wangukumkani. Basuke apho benemincili;

tumulto e exaltação. É precisamente esse o barulho que acabais de ouvir.
46 Além disso, Salomão já está sentado no trono real,

47 e até mesmo os servos e oficiais do rei já foram saudar e felicitar o rei Davi, nosso senhor, auspiciando: 'Que teu Deus glorifique o nome de Salomão mais ainda que o teu e que ele engrandeça seu trono mais do que o teu!' E o rei curvou-se reverentemente sobre seu leito,

48 e exclamou: 'Bendito seja Yahweh, Deus de Israel, que permitiu que meus olhos vissem hoje um de meus descendentes sentar-se sobre o meu trono!'"

49 Então todos os convidados de Adonias entraram em pânico, levantaram-se depressa e cada qual partiu para um lado.

50 Adonias, temendo Salomão, levantou-se e foi se agarrar aos chifres do altar.

51 O fato foi comunicado a Salomão, com estas palavras: "Eis que Adonias ficou apavorado com o que o rei Salomão poderia lhe fazer e se agarrou às pontas do altar, suplicando: Que o rei Salomão me jure que não mandará acabar com a vida deste seu servo ao fio da espada!"
52 Então Salomão garantiu: "Se ele se portar como uma pessoa leal, nem sequer um de seus cabelos lhe será arrancado; todavia se for surpreendido agindo desonestamente, ele certamente pagará com a própria vida!"
53 E o rei Salomão ordenou que alguns soldados fossem até ele e o fizessem descer

nangoku ke kusathe nkxwe esixekweni. Loo ntswahla uyivayo ngabo.
46Ewe, uSolomon selengene esihlalweni phaya ebhotwe.
47Namaphakathi akomkhulu nango evuyisana nomhlekazi ukumkani uDavide esithi: 'Ngamana uThixo angalenza labalasela ngaphezu kwelakho igama likaSolomon, nolawulo lwakhe aluqaqambise ngaphezulu!' Nokumkani ke suka wathelela enqula esemandlalweni wakhe.
48Ewe, usuke wathi: 'Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, othe namhlanje wandenzela inyhweba yokuba ndimbone ngawam amehlo lowo uthatha isihlalo esikhundleni sam.' "

49Lakuziva ezi ndaba iqela lika-Adoniya lothuka lachithakala ngoko nangoko.

50Ke yena uAdoniya ngokoyika uSolomon wasuka waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini.
51Waxelelwa ke uSolomon kwathiwa: "UAdoniya nanko ebambelele ngeempondo zeqonga lamadini kuba esoyika ukumkani uSolomon. Uthi: 'Ukumkani uSolomon makafunge namhlanje, athembise ukuba akayi kundifaka ikrele andibulale mna sicaka sakhe.' "

52USolomon wathi: "Ukuba ufumaniseke engumfo onyanisekileyo, akayi kuba nawo nowempumlo umkrwelo; kambe ke, ukuba ufumaniseke enobubi, uza kufa."

53Ukumkani uSolomon wathumela amadoda, amphuthuma apho eqongeni

do altar. E Adonias foi trazido a presença do rei e curvou-se solenemente diante da majestade de Salomão, que lhe ordenou: "Vai em paz para a tua casa!"

1 Reis 2

Davi dá conselhos a Salomão e morre

1 Sentindo que se aproximava o dia de sua morte, Davi ordenou a seu filho Salomão:

2 "Eis que o tempo em que devo seguir o caminho de todos os seres humanos está próximo. Portanto, sê forte e porta-te varonilmente.

3 Obedecerás a tudo quantoYahweh, o SENHOR, o teu Deus exige, andando em seus caminhos, observando seus estatutos, seus mandamentos, suas normas e seus testemunhos conforme estão escritos na Torá, Lei de Moisés, a fim de seres bem sucedido em tudo quanto empreenderes e em todos os teus projetos.

4 E assim, Yahweh manterá a promessa que me outorgou, afirmando: 'Se os teus filhos conservarem boa atitude e conduta, caminhando com lealdade diante de mim, de todo o seu coração e de toda a sua alma, jamais te faltará alguém no trono de Israel!'

5 Sabes muito bem tudo quanto Joabe, filho de Zeruia, tramou e praticou contra minha pessoa; o que fez aos dois chefes do exército de Israel: Abner, filho de Ner, e Amassa, filho de Jéter. Ele os assassinou, derramando sangue em tempos de paz; agiu como se estivesse num campo de batalha, e

lamadini uAdoniya. Ke uAdoniya weza wafika wakhahlela apho kukumkani uSolomon. Ke uSolomon wathi kuye: "Kulungile, goduka."

1 Yookumkani 2

Umyolelo kaDavide

1Lithe lakufika ixesha lokunduluka kukaDavide emhlabeni, wamyalela unyana wakhe uSolomon wathi:

2"Mna sendiza kuwushiya umhlaba. Ngoko ke wena yomelela ngokwendoda,

3ungaphazami ukuhamba ngokwesimiso sikaNdikhoyo uThixo wakho. Hamba endleleni yakhe, uyithobele imimiselo nemithetho yakhe, nayo yonke imigaqo nemiqathango ayimisileyo, njengoko yabhalwayo emthethweni kaMosis. Xa usenjenjalo ke, uya kuba nenkqubela kuyo yonke into oyenzayo, uphumelele naphi na apho ukhoyo.

4Ke yena uNdikhoyo wosifezekisa isithembiso sakhe kum. Kaloku yena wathi: 'Ukuba izizukulwana zakho zithe zaziphatha ngendlela efanelekileyo, zanyaniseka, zathembeka kum ngentliziyo yonke nangomphefumlo wonke, ngenene soze ingabikho indoda yendlu yakho kwisihlalo solawulo lwakwaSirayeli.'

5"Ngoku ke, mfo wam, uyayazi into awandenza yona uJowabhi unyana kaZeruya, nditsho into awayenzayo kwiinjengele ezimbini zomkhosi kaSirayeli, uAbhinere unyana kaNere noAmasa unyana kaYetere. Kaloku wababulala, waliphalaza igazi labo ngexesha loxolo, kwanga

com aquele sangue manchou o seu cinto e as suas sandálias.

6 Agirás, pois, com acerto não deixando que seus cabelos brancos desçam em paz ao Sheol, à sepultura.

7 Contudo, seja misericordioso para com os filhos de Barzilai, de Gileade; admita-os entre os que se alimentam à mesa contigo, pois eles cooperaram comigo quando tive que fugir do teu irmão Absalão.

8 Saibas que tens contigo Simei, filho de Gera, o benjamita de Baurim. Ele proferiu maldições horríveis contra mim no dia em que parti para Maanaim. Todavia, mais tarde, desceu à minha procura e nos encontramos no Jordão e lhe garanti mediante juramento em o Nome do SENHOR, que não me vingaria matando-o ao fio da espada.

9 Tu, porém, não o deixarás impune; sensato como és, saberás como tratá-lo para o fazer descer ao Sheol com seus cabelos brancos encharcados de sangue!"

10 Então Davi repousou com seus antepassados e foi sepultado na Cidade de Davi.

11 Davi reinou quarenta anos em Israel: sete anos em Hebrom e trinta e três anos na cidade de Jerusalém.

Salomão reina e mata Adonias, Joabe e Simei

kusemfazweni, wayidyobha ngalo ibhanti eyayisesinqeni sakhe neembadada ezazisezinyaweni zakhe.

6Into omawuyenze kuye wozibonela ngokobulumko bakho, kodwa uze ungamyeki afe ngenxa yokwaluphala, aze aye engcwabeni enoxolo.

7"Kodwa ke uze wenze ngezibele koonyana bakaBhazilayiwaseGiliyadi. Bona mababe phakathi kwâbo batya kunye nawe esithebeni sakho. Kaloku babengakum ngokuya ndandibaleka umntakwenu uAbhasalom.

8Uze ungamlibali uShimeyi unyana kaGera, umBhenjamin waseBhawurim, lowa wandishwabulela endiqalekisa kabuhlungu mhla ndandisiya eMahanayim. Wathi akuhla endihlangabeza eJordan, ndafunga uNdikhoyo ndathi andisayi kumbulala ngekrele.

9Kodwa ke ngoku uze ungamthathi njengongenatyala. Kaloku wena ungumfo onobulumko, ngoko ke akuyi kuxakwa yinto onokuyenza kuye. Mse engcwabeni izimvi zakhe zinegazi."

Ukufa kukaDavide

10Ke kaloku uDavide waya kuphumla kunye nooyise-mkhulu, waza wafihlwa kwisixeko sikaDavide.

11KwaSirayeli walawula iminyaka engamashumi amane. Yaba yiminyaka esixhenxe eHebron, yangamashumi mathathu anantathu eJerusalem.

[12] Salomão subiu ao trono de Davi seu pai e sua majestade consolidou-se poderosamente.

[12]USolomon ke wangena esihlalweni sikayise uDavide, lwaza ulawulo lwakhe lwazinza.

Ukufa kuka-Adoniya

[13] Adonias, filho de Hagite, dirigiu-se até Bate-Seba, mãe de Salomão, que lhe questionou assim que o viu chegar: "Vieste em paz?" Ao que ele prontamente respondeu: "Sim!".

[13]Ke kaloku uAdoniya, unyana kaHagiti, waya kuBhashebha, unina kaSolomon. Ke yena uBhasheba wathi: "Ngaba uza ngoxolo na?" UAdoniya waphendula wathi: "Ewe, ndiza ngoxolo."

[14] E acrescentou: "Tenho algo importante a te explicar!" E Bate-Seba replicou: "Pois diz" .

[14]Waphinda wathi: "Kukho into endifuna ukuyithetha kuwe." UBhashebha wathi: "Kulungile; thetha."

[15] E ele continuou: "Bem sabes que a realeza me pertencia e que todo o Israel tinha a expectativa que eu me tornasse rei, mas o reino me escapou e foi concedido a meu irmão, porque Yahweh assim havia designado.

[15]Waqhuba uAdoniya wathi: "Njengoko usazi ulawulo yayilolwam, uSirayeli wonke ekhangele kum njengokumkani wakhe. Kodwa izinto zajika, ulawulo lwajika lwawela kumntakwethu uSolomon; nto leyo ke yamiselwa nguNdikhoyo.

[16] Contudo, tenho apenas um pedido a fazer-te, e não me recuses teu favor". E ela respondeu: "Diz o que queres!"

[16]Kambe ke ngoku ndinasicelo sinye endifuna ukusenza kuwe; uze uncede ungasikhabi." UBhashebha waphendula wathi: "Kulungile; thetha ndive."

[17] Então ele concluiu: "Dize, por favor, ao rei Salomão que me dê a sunamita Abisague por esposa, porquanto se tu intercederes ele não se recusará em atender-te!"

[17]Waqhuba ke wathi: "Khawuncede uthethe nokumkani uSolomon; akanakwala kuwe. Ndifuna andinike uAbhishagi, intombi yomShunemi, abe ngumfazi wam."

[18] Disse-lhe Bate-Seba: "Está bem! Eu falarei ao rei em teu favor" .

[18]UBhashebha ke wathi: "Kulungile; ndiya kukuthethela kukumkani."

[19] Bate-Seba foi, pois, à presença do rei Salomão para lhe rogar em favor de Adonias. Assim que se aproximou, o rei carinhosamente levantou-se e inclinou-se diante dela. Em seguida assentou-se em seu trono, mandou que trouxessem um trono para sua mãe, e fez com que ela se assentasse à sua direita.

[19]UBhashebha ke waya kukumkani uSolomon, esiya kuthethelela uAdoniya. Akumbona ke ukumkani, waphakama wamhlangabeza, wakhahlela, waza ke wachopha esihlalweni sakhe. Wathi makuziwe nesihlalo, ukuze ahlale kuso unina, waza ke wamhlalisa ngasekunene kwakhe.

[20] Então disse Bate-Seba: "Tenho um pequeno pedido a te fazer, por favor, não o negues!" O rei lhe respondeu: "Pede, minha mãe, que não o negarei a ti!"

[21] Ela respondeu: "Que se dê Abisague de Suném como mulher a teu irmão Adonias" .

[22] Em resposta, o rei Salomão perguntou à sua mãe: "E por que pedes para Adonias apenas a sunamita Abisague? Ora, pede também todo o reino para ele, para o sacerdote Abiatar e para Joabe, filho de Zeruia; afinal ele é o meu irmão mais velho, o primogênito!"

[23] Então o rei Salomão jurou por Yahweh, exclamando: "Que Deus me puna com rigor e mande sobre mim todo o mal, se Adonias não pagar com a própria vida esta palavra que deixou sair de sua boca!

[24] E agora, juro por Yahweh, o Nome do SENHOR, que me estabeleceu no trono de meu pai Davi e, de acordo com sua promessa, formou uma dinastia para mim, que antes do pôr-do-sol deste dia, Adonias será morto!"

[25] E o rei Salomão encarregou disso a Benaia, filho de Joiada, e este feriu e matou Adonias.

[26] Ao sacerdote Abiatar, o rei ordenou: "Vai para Anatote, para a tua propriedade, porque és digno de morte, mas não te farei morrer hoje, porque carregaste a Arca de Yahweh diante do rei Davi, meu pai, e compartilhaste todas as provações de meu pai!"

[20]UBhashebha ke wathi: "Ndinesicelo esinye endifuna ukusenza kuwe; uze ungalanduli." Ukumkani waphendula wathi: "Thetha, mama; andiyi kulandula."

[21]Waqhuba ke wathi: "Kunganjani xa uAbhishagi umShunemikazi enikelwa kumntakwenu uAdoniya abe ngumkakhe?"

[22]Ukumkani uSolomon uphendule unina wathi: "Ngani ukuba uAbhishagi umShunemikazi umfunele uAdoniya? Kungcono umcelele obu bukumkani buphela – andithi kaloku yena ngumkhuluwa – abe yena exhaswa ngumbingeleli uAbhiyatare noJowabhi unyana kaZeruya!"

[23]Ukumkani uSolomon wafunga uNdikhoyo wathi: "Makandohlwaye uThixo nokuba kuqatha kangakanani na, ukuba uAdoniya akafanga ngenxa yeli lizwi.

[24]Ewe, ekho nje uNdikhoyo, lo undimiseleyo ndazinza kwisihlalo sikabawo uDavide, yena lo undenzele umlibo ngokwesithembiso sakhe, inene namhlanje uza kufa uAdoniya!"

[25]Ke ukumkani uSolomon wayalela uBhenaya unyana kaJoyada, waza wamgwaza uAdoniya, wafa.

Ukugxothwa kuka-Abhiyatare nokufa kukaJowabhi

[26]Ukumkani ke wathi kumbingeleli uAbhiyatare: "Wena ke phindela emasimini akho eAnatoti. Ufanelwe kukufa, kambe ke andiyi kukubulala kwangoku, kuba yayithwalwa nguwe ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo uThixo ngexesha likabawo

uDavide, futhi wawuzithwele kunye nobawo iimbandezelo zakhe. ”

[27] E Salomão excluiu Abiatar do sacerdócio de Yahweh, cumprindo-se deste modo a palavra que o SENHOR tinha dito em Siló a respeito da família de Eli.

[27]Ngoko ke uSolomon wamkhiqa uAbhiyatare kububingeleli, ezalisekisa ilizwi awalithethayo uNdikhoyo eShilo malunga nendlu kaEli.

[28] Quando a notícia chegou aos ouvidos de Joabe, que havia conspirado com Adonias, ainda que não com Absalão, ele partiu em fuga para a Tenda de Yahweh, e agarrou-se aos chifres, às pontas do altar.

[28]Akuziva ezi ndaba uJowabhi – kaloku naye wayekho kwiyelenqe lika-Adoniya, nangona wayengekho kwelika-Abhasalom – suka ke yena wabalekela esibingelelweni sikaNdikhoyo, waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini.

[29] Comunicaram ao rei Salomão: “Joabe se refugiou na Tenda de Yahweh e se acha junto ao altar!” Então Salomão mandou dizer a Joabe: “Que há contigo, para te refugiares junto ao altar sagrado? Ao que Joabe explicou: “Tive medo de ti e me refugiei junto ao SENHOR!” Mas Salomão convocou Benaia, filho de Joiada, e lhe ordenou: “Vai e mata-o!”

[29]Waxelelwa ke uSolomon ukuba nanko uJowabhi ebaleke waya kubambelela ngeempondo zeqonga lamadini esibingelelweni sikaNdikhoyo. Wasuka wathuma uBhenaya unyana kaJoyada esithi: “Yiya umgwaze!”

[30] Imediatamente Benaia dirigiu-se para a Tenda do SENHOR, entrou e disse a Joabe: “Eis que o rei ordena: ‘Sai!’” Ao que Benaia retrucou: “Não! Vou morrer aqui mesmo!” Benaia levou a resposta ao rei: “Eis o que Joabe disse e o que respondeu” .

[30]UBhenaya ke waya esibingelelweni sikaNdikhoyo, wafika wathi kuJowabhi: “Ukumkani uthi: ‘Phuma apha!’ ” Kambe ke yena waphendula wathi: “Andiphumi; ndiya kufela apha.” UBhenaya ke waya kubika olo daba kukumkani, wathi: “UJowabhi uthetha ngolu hlobo; ewe, wenjenje ukuphendula.”

[31] Então o rei lhe orientou: “Faze como lhe disse; mata-o e depois sepulta-o. Assim vingarás neste dia de sobre minha pessoa e de cima da família de meu pai o sangue inocente que Joabe derramou.

[31]Ukumkani ke wathi kuBhenaya: “Yiya kuye, wenze njengokuthetha kwakhe. Mosele umngcwabe, ukuze mna nendlu kabawo sahlukane nobutyala ngegazi awaliphalazayo.

[32] Yahweh fará recair seu sangue sobre a cabeça dele, porque ele atacou e matou à espada dois homens mais justos e melhores do que ele, sem que meu pai Davi o

[32]Kaloku yena wahlasela amadoda amabini wawabulala engadibananga nobawo uDavide. Omabini loo madoda, uAbhinere unyana kaNere, injengele yomkhosi

soubesse: Abner, filho de Ner, comandante do exército de Israel, e Amasa, filho de Jéter, comandante do exército de Judá.

wakwaSirayeli, kunye noAmasa unyana kaYetere, injengele yomkhosi wakwaJuda, ewe, omabini la madoda ayengcono enyanisekile kunaye.

33 Recaia, pois, o sangue deles sobre a cabeça de Joabe e de sua descendência para sempre, mas que Davi e sua descendência, sua casa e seu trono gozem sempre de paz da parte de Yahweh!”

33Igazi labo malihlale phezu koJowabhi nezizukulwana zakhe naphakade, kambe ke kuDavide nezizukulwana zakhe, indlu yakhe nobukhosi bakhe, makuphumle uxolo lukaNdikhoyo ngonaphakade.”

34 Benaia, filho de Joiada, partiu, atacou Joabe e o matou, enterrando-o depois em sua casa, no deserto.

34Ngenene ke uBhenaya unyana kaJoyada waya wafika wamosela uJowabhi, waza ke wangcwatyelwa kumhlaba wakhe entlango.

35 Em seu lugar, na chefia do exército, o rei nomeou Benaia, filho de Joiada, e o sacerdote Zadoque no lugar de Abiatar.

35Ke ukumkani wamisela uBhenaya unyana kaJoyada wayinjengele yomkhosi esikhundleni sikaJowabhi, waza endaweni ka-Abhiyatare wafaka umbingeleli uZadoki.

36 Em seguida o rei mandou convocar Simei e lhe ordenou: “Constrói para ti uma casa em Jerusalém: nela habitarás, mas dela não sairás para onde quer que seja.

36Waza ke ukumkani wathumela kuShimeyi wathi: “Zakhele indlu eJerusalem, uhlale kuyo, ungaze uphume khona uye naphi na.

37 No dia em que saíres e atravessares o vale do Cedrom, tem por certo que morrerás e serás o único responsável por tua morte!”

37Mhla waphuma wayiwela le ntili yeKedron, uze wazi ukuba ufile, kambe ke igazi lakho loba phezu kwentloko yakho.”

38 Simei respondeu ao rei: “A ordem do rei é boa! O teu servo fará como o senhor meu rei mandou!” E Simei permaneceu por muito tempo em Jerusalém.

38UShimeyi uphendule ngelithi kukumkani: “Uthethe kakuhle, mhlekazi. Isicaka sakho siya kuyenza loo nto uyithethileyo, nkosi yam kumkani.” Ngenene ke uShimeyi wahlala eJerusalem ithuba elide.

39 Mas, decorridos três anos, aconteceu que dois escravos de Simei fugiram para a casa de Aquis, filho de Maaca, rei de Gate. Alguém delatou a Simei: “Teus escravos estão em Gate!”

39Ke kaloku emva kweminyaka emithathu amakhoboka amabini kaShimeyi abalekela kuAkishe unyana kaMahaka ukumkani waseGati, waza ke uShimeyi waxelelwa kwathiwa: “Uyabona, amakhoboka akho aseGati.”

40 Então Simei preparou-se, selou seu jumento e partiu para Gate, à casa de Aqui,

40Akuyiva ke le nto, wabopha idonki yakhe, waya kuAkishe eGati, efuna loo makhoboka.

a fim de buscar seus escravos. E de lá Simei trouxe os escravos de volta.

[41] Informaram a Salomão que Simei havia saído de Jerusalém em viagem a Gate e que já tinha regressado.

[42] O rei imediatamente mandou executar Simei e justificou-lhe: “Porventura não te fiz jurar por Yahweh e não te preveni, afirmando: ‘No dia em que saíres para ir aonde quer que seja, tem por certo que morrerás e serás responsável por tua própria condenação’? E tu me respondeste: ‘Acho boa a palavra do meu rei’.

[43] Por que então não obedeceste o juramento firmado em o Nome de Yahweh e a ordem que eu te havia dado?”

[44] Depois o rei ainda disse a Simei: “Em teu coração sabes muito bem que prejudicaste o meu pai Davi. Portanto, agora Yahweh faz recair tua maldade sobre a tua própria cabeça.

[45] Contudo, o rei Salomão seguirá abençoado, e o reino de Davi será estabelecido diante de Yahweh, o SENHOR, para sempre!”

[46] Então o rei deu ordens a Benaia, filho de Joiada, e este avançou contra Simei e o matou. Assim o reino ficou bem consolidado nas mãos de Salomão.

1 Reis 3

Salomão casa com a filha de Faraó

[1] Salomão celebrou uma aliança com o Faraó, rei do Egito, casando-se com a filha deste monarca. E Salomão a trouxe para morar na Cidade de Davi até que a

Ke uShimeyi wawafumana apho eGati amakhoboka lawo, wabuya nawo.

[41]Waxelelwa ke uSolomon ukuba uShimeyi uphume eJerusalem waya eGati, waza waphinda wabuya.

[42]Ukumkani ke wambiza uShimeyi, wathi kuye: “Kanene ndandingakufungisanga uNdikhoyo na ndikulumkisa ndisithi: ‘Mhla waphuma usiya naphi na ngaphandle, uze wazi ukuba ufile’? Ndathi ndakutsho kuwe wena waphendula usithi: ‘Uthethe kakuhle mhlekazi; ndiya kukuthobela.’

[43]Ngani ke ngoku ukuba ungasifezekisi isibhambathiso sakho kuNdikhoyo, uwuthobele nomyalelo wam?”

[44]Waqhuba ukumkani wathi kuShimeyi: “Uyazazi kakuhle entliziyweni yakho zonke izinto ezimbi owazenzayo kubawo uDavide. Ngoku uNdikhoyo uza kukubuyekeza ngobugwenxa bakho.

[45]Kambe ke yena ukumkani uSolomon uya kuthamsanqeleka, nesihlalo sikaDavide sohlala siluqilima phambi koNdikhoyo kude kube ngunaphakade.”

[46]Ke ukumkani wayalela uBhenaya unyana kaJoyada, waza ke wamgwaza uShimeyi, wafa. Kwesi sithuba ke ulawulo lwaluseluzinzile luluqilima esandleni sikaSolomon.

1 Yookumkani 3

USolomon ucela ubulumko

(2 Gan 1:3-12)

[1]Ke kaloku uSolomon walamana nokumkani waseJiputa ngokuthatha intombi yakhe. Ke yona yeza kuhlala naye kwisixeko sikaDavide lada lagqitywa

construção do seu palácio, do Templo do SENHOR e dos muros em torno de Jerusalém fossem concluídos.

ukwakhiwa ibhotwe lakhe, ngokunjalo nendlu kaNdikhoyo kunye nodonga olujikeleze iJerusalem.

2 Ainda não havia sido edificado um templo para Yahweh, o Nome do Eterno, e por este motivo o povo ainda continuava oferecendo sacrifícios em vários altares, nos montes.

2Kambe ke bona abantu amadini babesawenzela ezindulini, kuba belingekakhelwa indlu igama likaNdikhoyo ngelo xesha.

3 Salomão amava Yahweh, o Nome do SENHOR, o que demonstrava mediante suas atitudes e modo de andar de acordo com as orientações do seu pai Davi; mas também oferecia sacrifícios e queimava incenso nos lugares sagrados, nos montes.

3USolomon ke wabonakalisa ukumthanda uNdikhoyo, kuba wayehamba ngokwemimiselo kayise uDavide, ngaphandle nje kwento yokuba wayesenza amadini neziqhumiso ezindulini.

4 O rei Salomão foi a Gibeom para lá oferecer sacrifícios, porquanto ali se encontrava o principal lugar sagrado, e ofereceu naquele altar mil holocaustos queimados.

4Ukumkani waya eGibheyon, esiya kwenza amadini, kuba leyo yayiyeyona nduli ibalulekileyo, waza ke uSolomon wenza iwaka lamadini atshiswayo apho eqongeni.

5 Em Gibeom, Yahweh apareceu em sonho a Salomão durante a noite. Deus disse: “Pede o que desejares e Eu te darei!”

5Ke kaloku apho eGibheyon uNdikhoyo wabonakala kuSolomon ephupheni ebusuku, wathetha wenjenje: “Cela nantoni na ofuna ndikuphe yona.”

6 Ao que Salomão respondeu: “Tu demonstraste uma grande benevolência para com teu servo Davi, meu pai, porque ele caminhou diante de ti em fidelidade, justiça e retidão de coração para contigo; tu mantiveste prodigiosa misericórdia para com ele e lhe concedeste um filho que hoje se assenta no seu trono.

6USolomon waphendula wathi: “Wena wasenzela ububele obukhulu isicaka sakho ubawo uDavide, ngenxa yokuba wayethembekile kuwe elilungisa, umfo ontliziyo ithe tse. Ezo zibele zakho ke uziqhubele phambili kwada kwanamhlanje, kuba umnike unyana ukuze achophe esihlalweni sakhe.

7 Agora, pois, Yahweh, SENHOR meu Deus, constituíste rei a teu servo em lugar de meu pai Davi, mas eu não passo de um jovem, que não sabe liderar.

7Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wam, isicaka sakho esi usenze ukumkani, wandibeka endaweni kabawo uDavide. Kambe ke bendingubani na, ndiyimveku engazi nto nje! Ewe, andazi nendlela endingawuqhuba ngayo lo msebenzi wam.

[8] Teu servo se encontra no meio do povo que tu mesmo escolheste, uma população tão grande que nem se pode contar.

[9] Dá, portanto, a teu servo um coração sábio, que possa discernir entre o bem e o mal, a fim de que eu possa governar o teu povo com justiça e equidade, pois sem a sabedoria que vem de ti quem pode governar este teu grande povo?"

[10] O desejo de Salomão muito agradou ao SENHOR.

[11] Por esse motivo Deus lhe declarou: "Porque foi este o teu pedido, e já que rogaste para ti vida longa, nem riqueza, nem a vida dos teus inimigos, mas solicitaste para ti discernimento para ouvir e julgar com justiça,

[12] farei o que pediste. Eu te concederei um coração sábio e capaz de discernir com inteligência, como jamais houve antes de ti e depois de ti nunca haverá!

[13] Também te dou o que não pleiteaste: riquezas e glória, de modo que durante tua vida não haverá rei semelhante a ti!

[14] E mais: Se andares nos meus caminhos, obedecendo aos meus estatutos e aos meus mandamentos, como procedia Davi, teu pai, Eu prolongarei os teus dias sobre a terra!"

[15] Então, Salomão despertou e compreendeu que havia tido um sonho. Assim que voltou a Jerusalém, ele se pôs diante da Arca da Aliança do SENHOR,

[8]Ewe, isicaka sakho esi siphakathi kwabantu obanyulileyo, ihlokondiba labantu abayinyambalala engenakubalwa.

[9]Ngoko ke mna sicaka sakho ndiphe intliziyo enobulumko, ukuze ndikwazi ukubalawula abantu bakho, ndiwazi umahluko phakathi kokulungileyo nokubi. Kaloku akakho umntu onganako ukuyilawula le ndimbane yaba bantu bakho."

[10]Ke kaloku iNkosi yakholiswa sesi sicelo sikaSolomon.

[11]Ngoko ke uThixo wathi kuye: "Ngenxa yokuba ucele ngolu hlobo, awazicelela ubomi obude okanye ubutyebi, awucelanga nokuba kubulawe iintshaba zakho, koko ucele ubuchule bokuthetha amatyala ngobulungisa,

[12]ke mna ke ndiza kukunika ngokwesicelo sakho. Ewe, ndiza kukupha intliziyo enobulumko nengqiqo ukuze ube yimbalasane kubo bonke abantu, kungaze kubekho mntu ufana nawe kwabaphile ngaphambi kwakho nabaya kulandela emva kwakho.

[13]Ngaphezulu ke ndiza kukunika nezo zinto ungazicelanga – ubutyebi nesihomo – ukuze ebomini bakho bonke ungabi nantanga kubo bonke ookumkani.

[14]Ukuba ke uthe wahamba ngeendlela zam, wayithobela imimiselo nemithetho yam njengoDavide uyihlo, ndokuthi jize ngobomi obude."

[15]Ke kaloku uSolomon wavuka, waqonda ukuba kuthe kanti liphupha. Wabuyela eJerusalem, wema phambi kwetyesi yomnqophiso kaNdikhoyo, waza wenza

sacrificou holocaustos, preparou ofertas pacíficas e de comunhão e concedeu um banquete a todos os seus servos.

Salomão julga a causa de duas mulheres

16 Certo dia, duas prostitutas comparecem diante do rei para receber seu veredicto.

17 Declarou uma das mulheres: "Ó meu senhor! Eu e esta mulher moramos na mesma casa e eu dei à luz um filho e ela estava comigo na casa.

18 Três dias depois de eu ter dado à luz, esta mulher também teve um filho. Estávamos sozinhas naquele momento; não havia mais ninguém na casa.

19 Ora, certa noite morreu o filho desta mulher, pois ela, dormindo, virou-se sobre seu filho e o sufocou.

20 Ela então se levantou durante a noite, retirou meu filho do meu lado, enquanto tua serva dormia; colocou-o ao seu lado. E pôs o filho dela, morto, ao meu lado.

21 Levantei-me para amamentar meu filho e encontrei-o morto! Mas, de manhã, eu o examinei e constatei que não era o meu filho que eu tinha dado à luz!"

22 Então a outra mulher contradisse: "Não é verdade! Meu filho é o que está vivo e o teu é o que está morto!" E a outra protestava inconformada: "É mentira! Teu filho é o que está morto e o meu filho é este que vive!" E assim elas se desentendiam diante do rei.

amadini atshiswayo ngokunjalo nawobudlelwane. Kamva ke wazenzela umbhiyozo zonke izinxiba-mxhaka zakhe.

Isigwebo sobulumko

16Ke kaloku abafazi ababini abangamahenyukazi beza kuma phambi kokumkani,

17omnye wabo wathi: "Mhlekazi, mna nalo mfazi sihlala ndlwini-nye. Ngoku ke mna ndiye ndabeleka ndafumana umntwana, ngoko silala sobabini.

18Ngosuku lwesithathu ndibelekile nalo mfazi ubeleke owakhe umntwana. Ke kaloku ke besisobabini apho endlwini, kungekho mntu wumbi.

19Ngabusuku buthile lo mfazi wamfuthanisela wafa unyana wakhe.

20Kwakuba njalo ke uvukile wachwechwa ezinzulwini zobusuku, weza kûba unyana wam ecaleni lam, mna ke sicakazana sakho ndilele thwii. Suka ke wathatha lo nyana wakhe ungasekhoyo wambeka esifubeni sam, lo wam wamncancisa kuye.

21Ndithe ke ndakuvuka ngentsasa elandelayo, ndizama ukuncancisa usana lwam, lwaye lungasekho! Kuthe ke kwakukhanya ndamqwalasela, ndafumanisa ukuba lo asinguye unyana wam endimzeleyo."

22Omnye lo ke umfazi wathi: "Hayi bo! Lo mntwana uphilayo ngowam; owakho ngulo ufileyo." Lo wokuqala ke umfazi wathi: "Unotshe! Owakho ngulo ufileyo; ngowam lo uphilayo!" Yaba yiloo mpikiswano ke apho phambi kokumkani.

[23] Então o rei sentenciou: "Uma mulher exclama: 'Meu filho é o que está vivo e o teu é o que está morto!', a outra mulher afirma: 'Mentira! Teu filho é o que está morto, e o meu filho é o que vive!'

[24] Ora, trazei-me agora mesmo uma espada!", ordenou o rei; e trouxeram-lhe imediatamente uma espada afiada.

[25] Ele prontamente determinou: "Cortai este menino vivo em duas partes e daí metade a uma mulher e metade à outra!"

[26] No mesmo instante, a mulher de quem era o filho vivo suplicou ao rei, porquanto suas entranhas se comoveram profundamente em defesa da vida do filho, e clamou: "Ó meu senhor! Que lhe seja dado o menino vivo, não o matem, por misericórdia!" Contudo a outra dizia: "Que ele não seja meu nem desta mulher tampouco, cortai-o ao meio!"

[27] Então o rei ordenou silêncio e deu seu veredicto: "Não mateis esta criança! Dai à primeira mulher a criança viva, porque ela é a mãe verdadeira!"

[28] E todo o Israel ouviu dizer do sábio veredicto do rei e passou a respeitá-lo de todo coração, pois constatou que a sabedoria divina operava em sua pessoa para julgar e fazer justiça.

1 Reis 4

Os príncipes de Salomão e a grandeza do seu reino

[1] Salomão foi rei de todo o povo de Israel.

[2] Os seus principais assessores foram estes: Azarias, filho de Zadoque, o sacerdote;

[23]Ukumkani ke wathi: "Oo! Lo uthi: 'Ngunyana wam lo uphilayo, ngunyana wakho lo ufileyo;' abe omnye esithi: 'Hayi khona, ngunyana wakho lo ufileyo, owam ngulo uphilayo!' "

[24]Suka ke ukumkani wathi: "Ndiziseleni ikrele." Walinikwa ke ukumkani ikrele elo.

[25]Wayalela wathi: "Mahluleni kubini lo mntwana uphilayo, icala nilinike omnye waba bafazi, omnye ke nimnike icala."

[26]Ke kaloku lo mfazi yayingowakhe umntwana ophilayo wasikwa yinimba, wathi kukumkani: "Ndincede, mhlekazi, musa ukumbulalala! Ndaweni yaloo nto mnike lo mfazi lo mntwana uphilayo!" Ke yena omnye lo umfazi wathi: "Ewe, kungcono singamfumani sobabini; mahlule kubini!"

[27]Waza ke ukumkani wawisa isigwebo wathi: "Sukuba sambulala umntwana, koko mnike lo mfazi wokuqala, kuba ngenene ngowakhe."

[28]Athe ke amaSirayeli akusiva eso sigwebo sikakumkani, atsho amhlonela, kuba eqonda ukuba kuthe kanti uThixo ukumkani umphe ubulumko bokuthetha amatyala ngobulungisa.

1 Yookumkani 4

Iziphathamandla zikaSolomon

[1]Ke kaloku uSolomon wayelawula uSirayeli ewonke jikelele.

[2]Nazi izinxiba-mxhaka zakhe: UAzariya unyana kaZadoki – umbingeleli;

[3] Eliorefe e Aías, filhos de Sisa, secretários; Josafá, filho de Ailude, arauto e cronista;

[4] Benaia, filho de Joiada, era comandante do exército; Zadoque e Abiatar: sacerdotes;
[5] Azarias, filho de Natã, chefe dos governadores distritais; Zabude, filho de Natã, era sacerdote e conselheiro pessoal do rei;

[6] Aisar: zelador responsável pelo palácio; Adonirão, filho de Abda: chefe dos servidores e escravos.

[7] Salomão tinha também doze governadores distritais sobre todo o Israel, que proviam o rei e sua casa; cada um cuidava do abastecimento durante um mês do ano.

[8] Eis, pois, os seus nomes: Ben Hur, Filho de Hur, na região montanhosa de Efraim.

[9] Ben-Dequer, em Macaz, Saalbim, Bete-Semes e Elom-Bete-Hanã;

[10] Ben-Hesede, em Arubote, Socó e em toda a terra de Héfer;
[11] Ben-Abinadabe, em Nafote-Dor, planalto de Dor. Tafate, filha de Salomão, era sua esposa;

[12] Baaná, filho de Ailude, em Taanaque e Megido, e em toda a Bete-Seã, próxima de Zaretã, abaixo de Jezreel, desde Bete-Seã até Abel-Meolá, seguindo para além de Jocmeão;

[13] Ben-Geder, em Ramote-Gileade e nas aldeias de Jair, filho de Manassés, em Gileade, bem como no distrito de Argobe,

[3]uElihorefe noAhiya oonyana bakaShisha – oonobhala; uJoshafati unyana ka-Ahiludi – usiba-khulu;
[4]uBhenaya unyana kaJoyada – injengele; uZadoki noAbhiyatare – ababingeleli;
[5]uAzariya unyana kaNatan – umaqhuzu kubalawuli bezithili; uZabhude unyana kaNatan – umbingeleli nomcebisi kakumkani;
[6]uAhisha – umaqhuzu wasebhotwe; uAdoniram unyana ka-Abheda – induna-nkulu yabasebenzi abasebenza ngokunyanzelwa.
[7]USolomon ke wayenabalawuli-zithili abalishumi elinambini apho kuSirayeli ephela. Bona ke babexhasa ukumkani nekomkhulu ngokudla. Kunyaka ngamnye isithili sasithatha inyanga yonke sixhasa.
[8]Nanga amagama abo: Kumhlaba weenduli zakwaEfrayim yayinguBhen-yuri;
[9]eMakaze, eShalabhim, eBhete-shemeshe, nase-Elon-bhete-hanan yayinguBhen-dekere;
[10]eArubhati (iSoko nayo yonke imimandla yaseHefere) yayinguBhen-rhesedi;

[11]eNafoti-dore yayinguBhen-abhinadabhi, umyeni kaTafati intombi kaSolomon;

[12]eTanaki, naseMegido, neBhete-shan xa iyonke malunga neZaretan ngezantsi kweYizereli, ukusuka eBhete-shan ukuya eAbhele-mehola ngapheshеya kweYokemeyam, yayinguBhanaya unyana ka-Ahiludi;
[13]eRamoti yaseGiliyadi (leyo yimimandla kaJayire unyana kaManase eGiliyadi ngokunjalo nezithili zaseAgobhi eBhashan

em Basã, e em suas sessenta grandes cidades fortificadas com muros e trancas de bronze em seus portões;

[14] Ainadabe, filho de Ido, em Maanaim;

[15] Aimaás, em Naftali. Ele se casou com Basemate, filha de Salomão;

[16] Baaná, filho de Husai, em Aser e em Bealote;

[17] Josafá, filho de Parua, em Issacar;

[18] Simei, filho de Elá, em Benjamim;

[19] Geber, filho de Uri, na região de Gade, terras de Seom, rei dos amorreus, e de Ogue, rei de Basã. Ele era governador absoluto nesse distrito.

[20] O povo de Judá e de Israel era tão numeroso como os grãos de areia da praia do mar; todas as pessoas tinham fartura em comida e bebida, viviam em paz e eram muito felizes.

[21] Salomão estendeu seu domínio sobre todos os reinos existentes desde o Rio, rio Eufrates, até a terra que coube aos filisteus e até a fronteira com o Egito. Todos esses reinos dominados pagavam-lhe impostos e estiveram sob a majestade de Salomão durante toda a sua vida.

[22] Os mantimentos que Salomão e sua corte demandavam todos os dias, eram em torno de seis mil quilos de farinha de trigo e seis mil quilos de farinha de outros cereais;

nezo zixeko zayo zimashumi mathandathu zikhulu kunene zibiyelweyo, ezinamasango nemivalo yobhedu) yayinguBhen-gebhere;

[14]eMahanayim yayinguAhinadabhi unyana kaIdo;

[15]kwaNafetali yayinguAhimazi umyeni kaBhasemati intombi kaSolomon;

[16]kwa-Ashere naseAloti yayinguBhayana unyana kaHushayi;

[17]kwaIsakare yayinguJoshafati unyana kaParuwa;

[18]kwaBhenjamin yayinguShimeyi unyana kaEla;

[19]eGiliyadi (kuloo mhlaba kaSihon ukumkani wama-Amori, kunye nomhlaba kaOgi ukumkani waseBhashan) yayinguGebhere unyana kaUri; yena wayeyedwa kweso sithili.

Ukutya kwakomkhulu

[20]Ke kaloku abantu bakwaJuda nabakwaSirayeli babebaninzi njengentlabathi eselunxwemeni lolwandle; babonwabile besitya besela.

[21]Ke yena uSolomon wazilawula zonke izikumkani ukusukela kumlambo iEfrati ukuya kuthi xhaxhe ngelamaFilistiya, aye kuthi xhaxhe kumda waseJiputa. Xa zizonke ke ezo zizwe zaziphantsi koSolomon, zinikela imirhumo kuye bonke ubomi bakhe.

[22]Isixhaso sakwaSolomon semini nganye yayingamawaka amahlanu eelitha zeflawa ecolekileyo, neshumi lamawaka eelitha zomgubo wengqolwa;

23 dez bois gordos, vinte bois de pasto e cem carneiros, bem como cervos, gazelas e aves escolhidas.

24 Salomão dominava todos os reinos a oeste do Eufrates, desde Tifsa até Gaza, e as populações viviam em paz em todas as fronteiras.

25 Durante toda a vida de Salomão, Judá e Israel viveram em plena paz e segurança em seus territórios, cada cidadão debaixo da sua videira e da sua figueira, desde Dã até Berseba.

26 Salomão possuía quatro mil baias para os cavalos dos seus carros de guerra e doze mil cavalos de cavalaria.

27 Os seus doze prefeitos ou administradores distritais, cada um no seu respectivo mês, ficavam responsáveis pelo fornecimento da lista de alimentos que Salomão precisava para si mesmo e para todos que viviam no palácio; os administradores não deixavam faltar nada para o rei e sua corte.

28 Cada um também fornecia e entregava no devido lugar a sua quota de cevada e de palha para alimentar os cavalos que puxavam os carros de guerra e para os animais de trabalho.

A sabedoria de Salomão

29 Deus concedeu a Salomão generosa porção de sabedoria e entendimento; uma capacidade de discernimento muito além do normal, e conhecimentos tão abrangentes e profundos que não podiam ser medidos.

30 A sabedoria divina outorgada a Salomão era maior do que a de todos os homens do

23ishumi leenkabi zeenkomo ezityetyisiweyo, namashumi amabini eenkomo ezondliwa emadlelweni; ikhulu leegusha, ngaphandle kwamanxala namabhadi namanqa neenkuku zodidi.

24Kaloku uSolomon wayelawula zonke izikumkani ezikwintshona yomlambo iEfrati, ukusuka eTisa ukuya eGaza, kuyinzolo macal' onke.

25Ngexesha likaSolomon uJuda noSirayeli xa ewonke, ukusuka kwaDan kuye kuthi xhaxhe ngeBheshebha, wayehleli ekhuselekile, umntu ngamnye enesidiliya namakhiwane.

26USolomon wayenamawaka amane emikhumbi yamahashe eenqwelo kunye neshumi elinambini lamawaka amahashe.

27Abalawuli bezithili yayingulowo nalowo enenyanga yakhe, bexhasa ukumkani uSolomon ngokudla okwakutyiwa ngabo bonke abalapho kwisithebe sakomkhulu. Babexhasa kungabikho nto ilambathayo.

28Kananjalo babezisa isixhaso samahashe eenqwelo nesamanye, basibeke endaweni yaso; leyo ke yayiyihabile kunye nengca.

Ubulumko bukaSolomon

29UThixo wanika uSolomon ubulumko nengqondo egqithisileyo, nolwazi oluphangaleleyo olungenakulinganiswa oku kwentlabathi yaselunxwemeni.

30Ubulumko bukaSolomon babugabadele kunobulumko babo bonke abantu

Oriente, e maior do que toda a sabedoria do Egito.

31 Salomão era mais sábio do que qualquer ser humano, mais do que o ezraíta Etã; mais sábio que Hemã, Calcol e Darda, filhos de Maol. Sua fama espalhou-se por todas as nações em redor.

32 Ele criou três mil provérbios e compôs mil e cinco cânticos.

33 Dissertou a respeito das plantas, desde o cedro do Líbano até o hissopo que brota da parede. De igual modo discorreu sobre os quadrúpedes, as aves, os animais que se movem rente ao chão e os peixes.

34 Sábios de todos os povos vinham ouvir a sabedoria de Salomão; eram missionários enviados por todos os reis da terra que haviam sido informados sobre o saber deste rei.

1 Reis 5

Salomão faz aliança com Hirão, rei de Tiro

1 Hirão, rei de Tiro, sempre havia sido amigo de Davi. Assim que soube que Salomão havia sido proclamado rei em lugar de seu pai, enviou missionários diplomáticos à presença do novo rei.

2 Então Salomão mandou a Hirão a seguinte mensagem:

3 “Bem sabes que o rei Davi, meu pai, não pôde construir um templo em reverência a Yahweh, o Nome do SENHOR seu Deus, por causa das muitas guerras que sempre o

basempuma, kananjalo buthe kratya kubulumko bonke bamaJiputa.

31Ngobulumko wayebagqwesa bonke abantu, kananjalo noEtan umEzra– ethe kratya kunoHeman, uKalkoli, noDarda oonyana bakaMaholi. Udumo lwakhe ngobulumko lwanwenwela kuzo zonke izizwe ezijikelezileyo.

32Wenza izafobe ezingamawaka amathathu; waqamba iingomaeziliwaka elinesihlanu.

33Imithi nezityalo wayichaza, esusela kumsedare waseLebhanon, waya kuthi xhaxhe ngehisophu enaba ezindongeni. Wafundisa nangezilwanyana, iintaka, nezilo ezirhubuluzayo, kwaneentlanzi.

34Ewe, kuSolomon kwakusiza abantu beentlanga zonke, bethunyelwa zizikumkani zehlabathi liphela, ukuze baziphulaphulele ubulumko bakhe obabungundaba-mlonyeni.

1 Yookumkani 5

Amalungiselelo okwakha indlu kaThixo
(2 Gan 2:1-18)

1Ke kaloku ukumkani uHiram waseTire akuva ukuba uSolomon uthanjisiwe wangena esikhundleni sikaDavide, wathumela oonozaku-zaku bakhe kuSolomon, kuba kaloku kwakusoloko kukho unxibelelwano lobuhlobo phakathi kwakhe noDavide.

2Nanku ke umyalezo owathunyelwa nguSolomon kuHiram:

3“Kaloku nawe uyazi ukuba ngenxa yeemfazwe awazilwa zivela ngenxa zonke ubawo uDavide akazange abe nako ukwakhela igama likaNdikhoyo uThixo wakhe indlu, de abe uNdikhoyo uzibeke

envolveram, até o dia em que Yahweh lhe pôs todos os seus inimigos sob os pés.

[4] Mas agora, vivo um tempo em que o Yahweh me tem proporcionado paz em todas as fronteiras do meu reino. Eu não tenho inimigos e não há perigo de ataques.

[5] Por isso, planejo edificar um templo dedicado ao Nome do SENHOR meu Deus, conforme Yahweh prometeu a meu pai, Davi, afirmando: 'Teu filho, que colocarei no trono em teu lugar, é quem construirá um Templo para o meu Nome!'

[6] Portanto, dá ordem para que se cortem cedros do Líbano para mim; os meus servos acompanharão os teus servos, conforme tudo o que disseres; porque tu sabes muito bem que entre nós não há ninguém que domine a arte de cortar a madeira como os sidônios.

[7] Quando ouviu as palavras de Salomão, Hirão se alegrou sobremaneira e exclamou: "Bendito seja hoje Yahweh, que deu a Davi um filho com grande sabedoria, que governa este imenso povo!"

[8] Então, Hirão mandou comunicar a Salomão: "Eis que recebi a tua mensagem. Atenderei o teu pedido a respeito das madeiras de cedro e de cipreste.

[9] Os meus servos as levarão do Líbano até o litoral, e farei conduzi-las em jangadas; ali as desamarrarei, e tu as receberás. Em troca, tu atenderás o meu desejo, provendo meu palácio e minha corte de mantimento."

phantsi kweenyawo zakhe zonke iintshaba zakhe.

[4]Kambe ke ngoku mna uNdikhoyo uThixo wam undithe jize ngenzolo macal' onke; andinazintshaba nazithwakumbe.

[5]Ngoko ke ndizimisele ukulakhela indlu igama likaNdikhoyo uThixo wam, njengoko uNdikhoyo watshoyo kubawo uDavide. Kaloku wathi: 'Ngunyana wakho, endiya kumngenisa esihlalweni sakho, oya kulakhela indlu igama lam.'

[6]Ngoko ke wena nceda uyalele ndigawulelwe imisedare eLebhanon. Amadoda am aya kusebenzisana nawakho kulo msebenzi, ndize ke mna amadoda akho ndiwahlawule loo mvuzo uwumisileyo. Kaloku nawe uyazi ukuba abam abasebenzi abanabo ubuchule obunjengobo bamaSidon ekugawuleni imithi."

[7]Akulufumana ke olu daba uHiram wavuya kakhulu, wathi: "Namhlanje makabongwe uNdikhoyo, kuba kaloku uDavide umnike isilumko sonyana ukuze asilawule esi sizwe sikhulu kangaka."

[8]Ke uHiram wathumela kuSolomon esithi: "Umyalezo wakho ndiwufumene, ndaye ke ndiza kwenza njengokuthetha kwakho, ndikugawulele imisedare nemipayini.

[9]Amadoda am aya kuyithoba eLebhanon, ayise elwandle, aze ke ayenze iinyanda, ayidadise, ayise kuloo ndawo ufuna ibe kuyo. Aya kuyikhulula ke, uze wena uyithathe umke nayo. Nto oya kuyenza ke wena kukuxhasa ikomkhulu eli ngokutya."

[10] Assim, Hirão passou a fornecer toda a madeira de cedro e pinho que Salomão desejava,

[11] e Salomão entregou a Hirão, todos os anos, cerca de duas mil toneladas de trigo e quatrocentos mil litros de azeite de oliva puro para alimentar todas as famílias que viviam em seu palácio.

[12] Yahweh, pois, concedeu generosa porção de sabedoria a Salomão, como lhe havia prometido. E houve paz e entendimento entre Hirão e Salomão, e os dois firmaram uma aliança entre si.

Os preparativos para edificar o templo

[13] O rei Salomão arregimentou trinta mil trabalhadores escravos de todo o Israel.

[14] E ordenou que fossem para o Líbano em grupos de dez mil por mês, e eles se revezaram: passavam um mês no Líbano e dois em casa. Instituiu Adonirão como chefe sobre eles.

[15] Salomão também mandou à região montanhosa oitenta mil homens especializados no corte de pedras e setenta mil homens para transportá-las.

[16] Ele colocou três mil e trezentos capatazes que tinham a responsabilidade de supervisionar a obra e comandar os trabalhadores.

[17] Obedecendo às ordens do rei Salomão, eles cortaram grandes blocos de rocha de ótima qualidade a fim de servirem de alicerce de pedras lavradas para o templo.

[10]Ngale ndlela ke uHiram waxhasa uSolomon ngayo yonke imisedare nezibonda zompayini awayezifuna.

[11]Ke yena uSolomon waxhasa uHiram ngokutya minyaka le: amashumi amabini eetoni zengqolowa, nesine samakhulu amawaka eelitha zamafutha omnquma acwengileyo.

[12]Ngokwesithembiso sakhe ke uNdikhoyo uSolomon wamthi jize ngobulumko. Kwabakho uxolo phakathi koHiram noSolomon, baza ke benza umnqophiso.

[13]Ukumkani uSolomon wavelisa umsebenzi wonyanzelo kuSirayeli ephela, waza ke wagaya amadoda angamashumi amathathu amawaka.

[14]Wawafaka abolekisana ukuya eLebhanon, ngenyanga nganye kuye ishumi lamawaka. Ngoko ke ayeba semsebenzini inyanga yonke, aze ahlale zibe mbini ekhaya. Ingqwayi-ngqwayi yabo basebenzi ke yayinguAdoniram.

[15]USolomon wayenamashumi asixhenxe amawaka amadoda okuthwala imithwalo, enamashumi asibhozo amawaka abaqingqi bamatye phaya ezintabeni.

[16]Kanti ke wayenamashumi amathathu anantathu amakhulu eenduna ezazivelele loo msebenzi, ziphethe abasebenzi.

[17]Ukumkani wabayalela ukuba bembe amatye omeleleyo, bawaqingqe, ukuze ngawo kwenziwe isiseko sendlu kaThixo.

[18] Os construtores de Salomão e de Hirão e alguns cidadãos de Gebal, Biblos, cortaram e prepararam a madeira e as pedras para a edificação do templo.

1 Reis 6

Salomão edifica o templo

[1] No ano quatrocentos e oitenta depois que os filhos de Israel foram tirados da terra do Egito, durante o quarto ano do reinado de Salomão em Israel, no mês de Ziv, o segundo mês do ano, ele começou a construir o Templo de Yahweh.

[2] O Templo que Salomão edificou e consagrou a Yahweh tinha vinte e sete metros de comprimento, nove metros de largura e treze metros e meio de altura.

[3] O pórtico, a sala de entrada, do santuário tinha a largura do Templo, que era de nove metros, e avançava quatro metros e meio à frente do Templo.

[4] Ele mandou fazer janelas de treliças fixas para o Templo.

[5] Edificou andares em torno do Templo, encostados na parede, tanto do pátio como do santuário interior, construindo assim salas laterais ao redor.

[6] O andar térreo tinha dois metros e setenta centímetros e o terceiro andar tinha três metros e quinze centímetros. Ele orientou que se produzissem saliências de apoio nas paredes externas do Templo, e por esse motivo não foi preciso perfurar as paredes.

[18]Iingcibi zikaSolomon noHiram namadoda aseGebhali zawalungisa zawaqingqa amatye nemithi yokwakha indlu kaThixo.

1 Yookumkani 6

Ukwakhiwa kwendlu kaThixo

[1]Ke kaloku ngonyaka wamakhulu amane namashumi asibhozo ephumile amaSirayeli eJiputa, xa kanye uSolomon wayekunyaka wesine elawula amaSirayeli, ngenyanga yesibini uZivi, waqalisa ukuyakha indlu kaNdikhoyo.

[2]Le ndlu kaNdikhoyo wayakhayo ke uSolomon ngaphakathi ubude bayo babuziimitha ezingamashumi amabini anesixhenxe; zazilithoba ububanzi, ukuphakama zilishumi elinesithathu nesiqingatha.

[3]Igumbi lesango laliziimitha ezine ezinesiqingatha ubude, ububanzi iziimitha ezilithoba, ububanzi bulingana nobendlu ngokwayo.

[4]Le ndlu ke wayenzela iifestile ezinamanqwanqwa asondeleneyo.

[5]Ngaphandle phaya wakha umgangatho owayame eludongeni, ujikeleza igumbi eliphambili neliphakathi, waza wakha neminye imigangatho phezu kwawo.

[6]Kumgangatho ophantsi igumbi laliziimitha ezimbini ezinesiqingatha ububanzi; elomgangatho ophakathi laliziimitha ezintathu ububanzi; ke lona elokugqibela liziimitha ezintathu ezinesiqingatha ububanzi. Kumgangatho ngamnye udonga lwale ndlu lwalunciphile kunalo mgangatho ungaphantsi. Ngaloo ndlela ke amagumbi la

ayexhathise ngodonga, imiqadi yawo inganxibelelananga neendonga ezi.

[7] Na edificação do Templo só foram usados blocos cortados e preparados nas pedreiras, para que assim, durante os trabalhos de construção, não se ouvisse o barulho de martelos, machados ou qualquer outra ferramenta.

[7]Xa yakhiwayo ke le ndlu amatye ayo ayeqingqelwa kulaa ndawo athathwa kuyo. Ngaloo ndlela ke kwakungasetyenziswa sando nasixozi okanye nasiphi na esinye isixhobo esingxolayo sentsimbi apho kweso siza kwakusakhiwa kuso.

[8] A porta para as salas laterais do meio estava no lado direito do Templo; e havia escadas espirais para subir ao andar do meio e deste ao terceiro.

[8]Isango lomgangatho wangaphantsi lalikwicala langasezantsi kule ndlu; kanti ke ukuphuma apho yayingumchankcatho okhokelela kumgangatho wesibini, uphuma khona uye kowesithathu.

[9] Deste modo, ele construiu e terminou o Templo, ordenando que o cobrissem com vigas e tábuas do melhor cedro.

[9]Ke uSolomon wayakha indlu leyo wayigqiba, waza wayixhoma ngemiqadi namaplanga omsedare.

[10] Também edificou e concluiu salas, ao redor de todo o Templo, e cada sala tinha dois metros e vinte e cinco centímetros de altura, e elas estavam ligadas ao Templo por resistentes vigas de cedro.

[10]Umgangatho owayame eludongeni wawuziimitha ezimbini ezinesiqingatha ukuphakama unxityelelaniswe nendlu ngemiqadi yomsedare.

[11] Então a Palavra do SENHOR veio a Salomão, dizendo:

[11]Ke kaloku lafika ilizwi likaNdikhoyo kuSolomon lisithi:

[12] “Quanto a esta Casa que estás edificando, se procederes de acordo com os meus estatutos, se obedeceres as minhas orientações e seguires fielmente os meus mandamentos, Eu confirmarei por teu intermédio a promessa que fiz a teu pai Davi.

[12]“Ngokusingisele kule ndlu uyakhayo, ukuba uthe wahamba ngemimiselo yam, wawenza amasiko am, wayigcina yonke imithetho yam wahamba ngayo, ndosifezekisa ngawe isithembiso endasenza kuyihlo uDavide.

[13] E habitarei no meio dos israelitas e jamais desampararei o meu povo de Israel!”

[13]Ndiya kuhlala phakathi kwamaSirayeli, ndaye ke andisoze ndibashiye abantu bam amaSirayeli.”

[14] Assim Salomão finalizou a construção do Templo.

[14]Ke uSolomon wayakha wayigqiba indlu kaThixo.

Umphakathi wendlu kaThixo
(2 Gan 3:8-14)

[15] Salomão mandou forrar todas as paredes do Templo por dentro com tábuas de cedro, cobrindo-as desde o chão até o teto, e fez o assoalho foi feito com tábuas de pinho.

[16] Ele separou nove metros na parte de trás do Templo, erguendo uma divisória produzida com tábuas de cedro, do chão ao teto, a fim de edificar dentro do Templo o Debir, Santo dos Santos, o Lugar Santíssimo.

[17] O Hekal, o átrio principal, localizado em frente do Debir, o santuário interno, media dezoito metros de comprimento.

[18] O interior do Templo era todo forrado de cedro decorado com finos entalhes de figuras de frutos e flores abertas. Toda a parte de dentro da sala era revestida de tábuas de cedro da melhor qualidade. Não se observava nenhuma pedra aparente.

[19] Preparou também o santuário interno no Templo para ali depositar a Arca da Aliança deYahweh.

[20] O santuário interno media nove metros de comprimento, nove de largura e nove de altura. E Salomão ordenou que toda a parte de dentro fosse revestida de ouro puro, e, da mesma forma, mandou revestir de ouro o altar de cedro.

[21] Também cobriu de ouro puro todo o interior do Templo, e estendeu correntes de ouro em frente do Debir, o santuário interno.

[15]Ngaphakathi iindonga zale ndlu wazambathisa ngamaplanga omsedare ukusuka phantsi emgangathweni kuye kuthi xhaxhe ngesilingi, waza phantsi phaya wandlala amaplanga ompayini.

[16]Entla phaya apha endlwini wenza igumbi eliphakathi ekuthiwa yingcwele kangcwele. Laliziimitha ezilithoba ubude, lakhiwe ngamaplanga omsedare asuka emgangathweni athi xhaxhe ngesilingi phezulu.

[17]Igumbi eliphambi kweli ke laliziimitha ezilishumi elinesibhozo ubude.

[18]Uwonke umphakathi wendlu le yayingumsedare ukroliwe wahonjiswa ngethangazana neentyatyambo. Yayingumsedare nje ngaphakathi, ungekhe ulibone ilitye lodonga.

[19]Ke kaloku igumbi eliyingcwele eliya lingaphakathi kule ndlu walilungiselela ukuze kulo kuhlale ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo.

[20]Eli gumbi liphakathi ke lona laliziimitha ezilithoba ubude, ububanzi, nokuphakama. Umphakathi walo ke wawutyatyekwe ngegolide ecwengileyo; ukanti lona iqonga lalambathiswe ngomsedare.

[21]Umphakathi wale ndlu uSolomon wawutyabeka ngegolide ecwengileyo, waza watsala amatyathanga egolide anqumleza phambi kwelaa gumbi liphakathi, nalo ke elalityatyekwe ngegolide.

[22] Desde modo, acabou por revestir de ouro puro todo o interior do Templo e também o altar que fazia parte do santuário interno.

[23] No Debir, o santuário interno, Salomão mandou esculpir em madeira fina de oliveira as figuras de dois querubins, cada um com quatro metros e meio de altura.

[24] As asas abertas da escultura destes seres celestiais mediam dois metros e vinte e cinco centímetros: quatro metros e meio de uma extremidade à outra.

[25] Os dois querubins tinham exatamente a mesma medida e a mesma forma.

[26] A altura de cada estátua era de quatro metros e meio.

[27] E Salomão colocou os querubins, com as asas abertas, no santuário interno do Templo. A asa de um querubim tocava levemente uma parede e a asa do outro encostava na outra. As demais asas encostavam uma na outra no meio do santuário.

[28] Ele também mandou revestir completamente os querubins de ouro puro.

[29] Em todas as paredes do Templo, ao redor, tanto no interior como no exterior, mandou esculpir figuras de querubins, palmas de tamareiras e flores abertas.

[30] E cobriu de ouro puro todo o pavimento do Templo, tanto na parte interna como na externa.

[31] Salomão mandou produzir uma porta dupla para o Debir, a entrada do Lugar

[22]Umphakathi wonke wawutyatyekwe kwangegolide; kananjalo neqonga elikwigumbi eliyingcwele likwatyatyekwe ngegolide.

[23]Phaya kwigumbi eliyingcwele wenza izithunywa ezimaphiko zazibini, ezenza ngomthi womnquma. Ukuphakama kwaso ngasinye kwakuziimitha ezine ezineesentimitha ezimashumi mane.

[24-25]Zozibini ezi zithunywa zazilingana zifana, ngasinye ke sinamaphiko amabini, phiko elo laliziimitha ezimbini ezineesentimitha ezimashumi mabini ubude. Ngoko ke umgama wokusuka kwincam yephiko ukuya kwincam yelinye wawuziimitha ezine ezineesentimitha ezimashumi mane.

[26]Ukuphakama kwesithunywa ngasinye bekuziimitha ezintlanu.

[27]Zozibini ke ezi zithunywa zazimi zilungelelene apho kwigumbi eliphakathi. Amabini kuloo maphiko azo athe naa ayerhecana esazulwini segumbi elo, aze amanye la mabini arhece iindonga.

[28]Zozibini ke ezi zithunywa wazityabeka ngegolide.

[29]Iindonga zegumbi elikhulu nezegumbi eliphakathi zazihonjiswe ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko, amasundu, kwaneentyatyambo.

[30]Umgangatho wala magumbi wawambathisa ngegolide.

[31]Emnyango wegumbi eliyingcwele kwakukho ungcango-mbini owenziwe

Santíssimo, em madeira de oliveira selvagem, a verga e os umbrais tinham cinco lados.

[32] E nas duas portas de madeira de oliveira entalhou figuras de querubins, tamareiras e flores abertas. Também revestiu os querubins e as tamareiras de ouro puro batido.

[33] Da mesma forma, para a porta do Hekal, a entrada do Templo, mandou fazer vigas de madeira de oliveira selvagem; seu enquadramento tinha pilares de quatro lados.

[34] Ordenou que se produzisse também duas portas de pinho, cada uma com duas folhas que se articulavam por meio de dobradiças.

[35] Entalhou imagens de querubins, de palmas de tamareiras e de flores abertas nas portas e as cobriu de ouro puro batido.

[36] Mandou construir o muro do pátio interior com três camadas de pedra lavrada de alta qualidade e uma de vigas de cedro puro.

[37] No quarto ano, no mês de Ziv, foram lançados os alicerces para a construção do Templo.

[38] No décimo primeiro ano, no mês de Bul, o oitavo mês, a edificação do Templo foi concluída em todos os seus detalhes, de acordo com seu projeto. Salomão dedicou sete anos do seu reinado para construí-lo.

1 Reis 7

Salomão edifica um palácio

ngamaplanga omnquma, umgubasi wona wenziwe wangunxa-ntlanu.

[32]Iingcango zazihonjiswe ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko, namasundu neentyatyambo. Iingcango nemihombiso yazo zazambathiswe ngegolide egudisiweyo.

[33]Umgubasi womnyango wegumbi elikhulu wawakhiwe buxande, wenziwe ngomthi womnquma.

[34]Kananjalo wenzelwa iingcango ezimbini zompayini ezisongwayo ngehinjisi.

[35]Zazihonjiswe ngemifanekiso ekroliweyo yezithunywa ezimaphiko neyamasundu neentyatyambo, yaza yonke loo nto yambathiswa ngegolide egudisiweyo.

[36]Inkundla yangaphakathi wayakha yazizintlu ezintathu zamatye aqingqiweyo alandelwa luluhlu lwamaplanga omsedare ochweliweyo.

[37]Ke sona isiseko sale ndlu kaNdikhoyo sabekwa ngenyanga uZivi kunyaka wesine wolawulo lukakumkani uSolomon.

[38]Ke kaloku kwathi ngonyaka wakhe weshumi elinanye, kwinyanga yesibhozo uBhuli, yagqitywa ukwakhiwa indlu kaThixo – ncincililii! Ewe, yakhiwa ngokwezicwangciso ezazimisiwe. Loo msebenzi wokuyakha ke wathatha iminyaka esixhenxe.

1 Yookumkani 7

Ibhotwe likaSolomon

[1] Para construir seu palácio, Salomão despendeu treze anos, até seu completo acabamento.

[1]Kambe ke uSolomon wathatha iminyaka elishumi elinesithathu xa wayesakha ibhotwe lakhe.

[2] Construiu o Palácio da Floresta do Líbano com quarenta e cinco metros de comprimento, vinte e dois metros e meio de largura e treze metros e meio de altura, a Casa era toda sustentada por quatro fileiras de colunas de cedro sobre os quais apoiavam-se vigas de cedro aparelhadas.

[2]Ibhotwe lalibizwa ngokuba lihlathi laseLebhanon. Laliziimitha ezingamashumi amane anesine ubude balo, liziimitha ezingamashumi amabini anambini ububanzi, ukuphakama kuziimitha ezilishumi elinesithathu elinesiqingatha. Lalinezintlu ezine zeentsika zomsedare, zintsika ezo ezazixhasa imiqadi yomsedare.

[3] No alto havia uma cobertura de cedro, sustentada por quarenta e cinco colunas, dispostas em fileiras de quinze.

[3]Uphahla lwayo lwalwenziwe ngomsedare obekwe phezu kwemiqadi eyayixhaswa ziintsika. Imiqadi le yayingamashumi amane anantlanu, ilishumi elinesihlanu kuluhlu ngalunye.

[4] Havia três fileiras de janelas, uma janela de frente para outra.

[4]Kwakukho izintlu ezintathu zeefestile eziphakamileyo zijongene.

[5] Todas as portas e esquadrias eram quadradas, e as três fileiras de janelas de cada parede eram posicionadas exatamente em frente às fileiras de janelas da parede do outro lado.

[5]Imigubasi yeengcango yayenziwe buxande, iminyango le izizintlu ezintathu ezijongeneyo.

[6] Depois, Salomão mandou construir o Salão das Colunas, com vinte e dois metros e meio de comprimento e treze metros e meio de largura; e havia um pórtico de colunas defronte dele e uma cobertura que se estendia além das colunas.

[6]Igumbi elilandelayo laliziimitha ezingamashumi amabini anesibini ubude, luziimitha ezilishumi elinesithathu nesiqingatha ububanzi. Ekungeneni kulo kwakukho igunjana elilisango elineentsika nevaranda.

[7] Também fez a Sala do Trono, onde ouvia e julgava, conhecida como a Sala da Justiça, coberta de cedro desde o soalho até o teto.

[7]Igumbi elilandelayo yayiligumbi lekumkani elalikwayinkundla yamatyala apho uSolomon wayewavavanyela khona. Iindonga zazambathiswe ngamaplanga omsedare ukusukela emgangathweni kuye kuthi gaa ngesilingi.

[8] A sua casa, em que residiria, no outro lado do pátio, tinha um formato semelhante.

[8]Ibhotwe lakhe apho wayehlala khona uSolomon, elalakhiwe kwiyadi esemva

Salomão ordenou que fosse construído também um palácio como esse para a filha do Faraó, com quem tinha se casado.

kwendlu yokuxoxwa kwamatyala, lalakhiwe ngokufanayo nezinye izindlu esezichaziwe. Kananjalo uSolomon wakha ibhotwe eliyelele kwelakhe, elakhela umkakhe intombi yokumkani waseJiputa.

9 Todas estas construções eram de pedras de alta qualidade, cortadas sob medida e desbastadas com uma serra nos lados que ficam para dentro e para fora do edifício; e isto desde o alicerce até às beiras do teto, e por fora até o átrio maior, o grande pátio.

9Zonke ezi zakhiwo, kunye neyadikazi enkulu, zazakhiwe ngawona matye odidi oluphambili ukusuka kwiziseko zazo kuye kuthi xhaxhe ekudibaneni nophahla. La matye ayelungiselwa apho ayembiwa khona ukuze angene athi ngci ezindaweni zawo. Ayecokiswa ngeesarha ukuze afaneleke ngaphandle nangaphakathi.

10 Os alicerces foram fundados com grandes pedras escolhidas de alta qualidade, algumas medindo quatro metros e meio e outras três metros e sessenta centímetros.

10Isiseko sasisesamatye amakhulu odidi, amanye kuwo eziimitha ezintathu ezinesiqingatha ubude, amanye ke eziimitha ezine.

11 Por cima destes blocos foram assentadas pedras de elevado valor, cortadas sob medida, e vigas de cedro puro.

11Bekusakhiwa ngamanye amatye phezu kwawo aqingqwe alungelelaniswa kunye nemiqadi yomsedare.

12 Ao redor do grande átrio, havia uma muralha com três camadas de pedras lavradas e uma carreira de vigas de cedro aparelhadas, do mesmo modo que o pátio interior do Templo de Yahweh, com sua sala especial de entrada, o pórtico principal.

12Iindonga zeyadi yebhotwe, kwanezeyadi ephakathi yendlu kaNdikhoyo, kwanegunjana elilisango lendlu kaNdikhoyo, zazakhiwe ngemiqolo emithathu yamatye aqingqiweyo elandelwa ngumqolo omnye weplanga lomsedare, njalo ke ukunyuka.

Diversas obras para o templo

13 Enviou o rei Salomão missionários a Tiro a fim de que trouxessem Hurão.

14 Era Hurão filho de uma mulher viúva, da tribo de Naftali, e fora seu pai um cidadão de Tiro que trabalhava com arte em bronze; Hurão era um homem sábio, talentoso e muito experiente, e conseguia realizar todo tipo de trabalho em bronze. Veio ter com o

UHuram

[2] Acazias sofreu uma queda da sacada do seu quarto, no palácio de Samaria e não se recuperava de seus ferimentos; então mandou chamar alguns mensageiros e ordenou-lhes: “Ide consultar Báal Zebul, Baal-Zebube, o Príncipe, deus de Ecrom, a fim de saber se ficarei curado deste mal”.

[3] Mas o Anjo de Yahweh disse a Elias, o tesbita: “Prepara-te e vai ao encontro dos mensageiros do rei de Samaria, e questiona-lhes: “Porventura não há Deus em Israel, para irdes consultar Baal-Zebube, deus de Ecrom?

[4] Agora, assim diz Yahweh, o SENHOR: “Não descerás do leito ao qual subiste, mas com certeza morrerás!” E Elias partiu.

[5] Os mensageiros retornaram para junto de Acazias, que lhes indagou: “Por que voltastes?

[6] Eles lhes informaram: “Um homem veio ao nosso encontro e nos admoestou: ‘Voltai ao rei que vos enviou e dizei-lhe: ‘Assim fala Yahweh, o SENHOR: Acaso não existe Deus em Israel? Por qual razão mandaste consultar Baal-Zebube, deus de Ecrom? Por este motivo não te levantarás mais desse leito sobre o qual estás prostrado e certamente nele morrerás!”

2 Yookumkani 1

UEliya nokumkani uAhaziya

[1]Ke kaloku emva kokusweleka kukakumkani uAhabhi, amaMowabhi amvukela uSirayeli.

[2]Ke yena uAhaziya wawa efestileni yegumbi eliphezulu lendlu yakhe eSamariya, waza wenzakala. Ngoko ke wathuma abathunywa, esithi kubo: “Hambani niye kubuzisa kuBhali-zabhubhe, uthixo wase-Ekron, ukuba ngaba ndophila na kule ngozi indihleleyo.”

[3]Kambe ke isithunywa sikaNdikhoyo sathetha noEliya waseTishbhi, sathi: “Hamba uhlangabeze abaya bathunywa bokumkani waseSamariya, uthi kubo: ‘Ngaba kungenxa yokuba engekho na uThixo kwaSirayeli le nto niya kubuzisa kuBhali-zabhube isithixo sase-Ekron?’

[4]Naku ke akuthethayo uNdikhoyo: ‘Akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele kuwo; uza kufa!’ ” Waza ke waya uEliya.

[5]Bakubuya ke abathunywa abo, wabuza wathi ukumkani: “Ngani ukuba nijike?”

[6]Baphendula ke bona bathi: “Sidibene nomfo othile, wathi masibuyele kuwe, kumkani, sikuxelele sithi: ‘UNdikhoyo uthi: Ngaba kungenxa yokuba kungekho Thixo kwaSirayeli, le nto uhamba uye kubuzisa kuBhali-zabhubhe isithixo sase-Ekron?’ Ewe, uthi: ‘Akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele kuwo; uza kufa.’ ”

[7] Então o rei lhes inquiriu: "Qual era a aparência do homem que vos encontrou e vos transmitiu estas palavras?"

[8] E eles lhes explicaram: "Era um homem que usava vestes de pêlos e tinha um cinto de couro. Então ele prontamente exclamou: "É Elias, o profeta de Tisbé!"

O fogo do céu consome cem homens

[9] O rei mandou um capitão com uma tropa de cinquenta soldados procurar Elias. Logo depois o capitão encontrou Elias sentado no alto de uma colina, e lhe chamou: "Homem de Deus, o rei ordena que desças!"

[10] Mas Elias retrucou ao capitão com seus cinquenta soldados: "Se sou homem de Deus, que desça fogo do céu e extermine a ti e aos teus cinquenta homens!" E, naquele mesmo instante, rompeu um fogo arrasador do céu e consumiu o oficial e todos os seus soldados.

[11] Então o rei insistiu e enviou outro chefe de tropa com cinquenta guerreiros. Este também ordenou ao profeta: "Ó homem de Deus, assim convoca o rei: 'Desce depressa!'"

[12] Elias, do mesmo modo, respondeu a esse oficial: "Se sou homem de Deus, que desça fogo do céu e extermine a ti e aos teus cinquenta homens!" Em seguida, o fogo de Deus desceu do céu e consumiu também este oficial e seus cinquenta soldados.

[7]Ukumkani wathi: "Yayingumfo oluhlobo luni na lowo nidibene naye waza wathetha loo mazwi kuni?"

[8]Abathunywa bathi: "Ibingumfo onomnweba owenziwe ngesikhumba esinoboya, ebhinqe ngethwathwa esinqeni." Ukumkani wathi: "NguEliya waseTishbhi lowo."

[9]Ngoko ke wathumela apho kuEliya igosa lomkhosi, likunye namadoda alo angamashumi amahlanu. Elo gosa ke laya kuEliya, ehleli encotsheni yenduli, lafika lathi kuye: "Mfo wakwaThixo, ukumkani uthi: 'Yihla.' "

[10]UEliya waphendula wathi kwelo gosa lomkhosi: "Ukuba ke ndingumfo wakwaThixo, ngamana kwehla umlilo ezulwini, ukutshise ndawonye nala madoda akho angamashumi amahlanu!" Kwehla umlilo ezulwini, walitshisa elo gosa ndawonye naloo madoda alo angamashumi amahlanu.

[11]Kwesi sithuba ke ukumkani waphinda wathumela elinye igosa lomkhosi kwakuEliya, likwahamba namanye amashumi amahlanu amadoda. Elo gosa lafika lathi kuEliya: "Mfo wakwaThixo, ukumkani uthi: 'Khawuleza uhle.' "

[12]UEliya waphendula wathi: "Ukuba ke ndingumfo wakwaThixo, ngamana kwehla umlilo ezulwini, ukutshise ndawonye nala madoda akho angamashumi amahlanu!" Kwehla umlilo ezulwini, uvela kuThixo, walitshisa elo gosa ndawonye naloo madoda alo angamashumi amahlanu.

[13] Diante disso, enviou o rei, pela terceira vez, um outro capitão com sua tropa de cinquenta guerreiros. E o terceiro oficial, subindo até o profeta, colocou-se de joelhos diante de Elias e rogou-lhe: “Ó homem de Deus, suplico-te que considere por preciosa a minha vida e a vida destes cinquenta homens que me acompanham, pois somos teus servos.

[14] Ora, o fogo de Deus desceu do céu e destruiu os dois primeiros chefes de tropas de cinquenta e todos os seus soldados; porém peço-te que agora tenhas misericórdia da minha vida.

[15] Então o Anjo de Yahweh orientou Elias, dizendo: “Desce com este homem; não tenhas receio!” Elias prontamente se levantou e desceu com o oficial e foram ter com o rei.

[16] Ao chegar diante do rei, falou Elias: “Assim diz Yahweh, o SENHOR: ‘Por que mandaste mensageiros consultar Baal-Zebube, deus de Ecrom?” Porventura não há Deus em Israel, para consultares a sua Palavra? Portanto, deste leito em que deitaste não te erguerás jamais, mas com toda a certeza morrerás.”

[17] E, de fato, Acazias morreu conforme Yahweh, o SENHOR, havia determinado por intermédio de Elias. Como não tinha filhos, Iehoram, Jorão, seu irmão, ascendeu ao trono em seu lugar. Jorão começou a reinar no segundo ano de Jeorão, rei de Judá, filho de Josafá.

[18] Todos os demais atos e realizações do rei Acazias estão escritos nos registros da História dos Reis de Israel.

[13]Kwakhona ukumkani wathumela elesithathu igosa lomkhosi, lihamba namadoda alo angamashumi amahlanu. Eli ke lona igosa lathi lakufika kuEliya laguqa phambi kwakhe, lambongoza lathi: “Mfo wakwaThixo, ndiyakubongoza, yiba nenceba uvelane nam ngenxa yobomi bam nobu bala madoda angamashumi amahlanu, ezi zicaka zakho.

[14]Kaloku ngaphambili kuye kwehla umlilo ezulwini, wawatshisa amagosa amabini nabo bonke ababehamba nawo. Noko ke ngoku mabuxabiseke kuwe ubomi bam.”

[15]Ke isithunywa sikaNdikhoyo sathetha noEliya sathi: “Musa ukoyika wena, hamba uhle nalo.” Ngoko ke uEliya wahamba nalo, wehla waya kukumkani.

[16]Wafika wathi kukumkani: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngaba kungenxa yokuba kungekho Thixo na kwaSirayeli, le nto uthumela abathunywa baye kubuzisa kuBhali-zabhubhe isithixo sase-Ekron? Ngenxa yale nto uyenzileyo ke, akusayi kuvuka kuloo mandlalo ulele kuwo; uza kufa.’ ”

[17]Ngenene ke wafa uAhaziya ngokwelizwi likaNdikhoyo elathethwa nguEliya. Ke kaloku uAhaziya lo wayengenanyana, ngoko ke kwangena uYoram endaweni yakhe waba ngukumkani wakwaSirayeli kunyaka wesibini kaYehoram unyana kaYoshafati ukumkani wakwaJuda.

[18]Ke zona iziganeko zolawulo luka-Ahaziya, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo

encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

2 Reis 2

Elias é elevado ao céu num carro de fogo

1 Esta é a história de quando o SENHOR levou Elias aos céus em meio a um redemoinho: Elias e Eliseu saíram de Guilgal,

2 e no caminho ordenou-lhe Elias: "Aguarda aqui mesmo, porque Yahweh está me enviando a Betel". No entanto, Eliseu respondeu: "Tão certo como vive Yahweh, o SENHOR, e como tu vives, não te deixarei!" E por isso desceram juntos para Betel.

3 Em Betel os discípulos dos profetas foram falar com Eliseu e indagaram: "Sabes que hojeYahweh vai levar teu mestre para o céu, separando-o de ti?" Ao que prontamente retrucou Eliseu: "Sei, calai-vos!"

4 Então Elias lhe ordenou: "Eliseu, fica aqui, pois Yahweh está me enviando até Jericó". Porém ele respondeu: "Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR e por tua vida que não me separarei de ti!" E assim desceram juntos a Jericó.

5 Os irmãos, seguidores dos profetas, que estavam em Jericó se aproximaram de Eliseu e questionaram-lhe: "Sabes que hoje o SENHOR vai levar teu mestre por sobre a tua cabeça para o céu?" E ele replicou: "Sim, eu sei, mas não fale mais sobre isso!"

6 Em seguida Elias lhe disse: "Aguarda aqui, por que Yahweh está me enviando ao Jordão". Mas ele contestou: "Tão certo como vive o SENHOR e vive a tua alma, não te deixarei seguir só!" E, sendo assim, ambos partiram juntos.

2 Yookumkani 2

Ukunyuselwa ezulwini kukaEliya

1Ke kaloku ngethuba lokuba uNdikhoyo anyusele uEliya ezulwini ngesaqhwithi, uEliya noElisha babesendleleni evela eGiligali.

2UEliya wathetha noElisha wathi: "Hlala apha wena, mna uNdikhoyo undithume eBhetele." Kodwa yena uElisha wathi: "Ngenene, ngenene, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, andiyi kwahlukana nawe." Bahamba ke baya eBhetele.

3Ke abashumayeli ababelapho eBhetele beza kuElisha, bathi kuye: "Uyaqonda nje ukuba uNdikhoyo uza kuyithatha le nkosi yakho namhlanje?" UElisha wathi: "Ewe, ndiyazi; kodwa ke musani ukuyiphatha loo ndawo!"

4UEliya ke wathi kuElisha: "Hlala apha, mna uNdikhoyo undithume eJeriko." UElisha wathi: "Ngenene, ngenene, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, andiyi kwahlukana nawe." Ngoko ke bahamba baya eJeriko.

5Ke abashumayeli ababelapho eJeriko baya kuElisha, bathi kuye: "Uyaqonda nje ukuba uNdikhoyo uza kuyithatha le nkosi yakho namhlanje?" UElisha wathi: "Ewe, ndiyazi; kodwa ke musani ukuyiphatha loo ndawo!"

6UEliya ke wathi kuElisha: "Hlala apha, mna uNdikhoyo undithume eJordan." Ke yena wathi: "Ngenene, ngenene, ekho nje uNdikhoyo, nawe ukho nje, andiyi kwahlukana nawe!" Ngoko ke bahamba bobabini.

[7] Cinquenta discípulos dos profetas foram também e ficaram observando à distância o que se passava, quando Elias e Eliseu se detiveram à beira do rio Jordão.

[8] Então Elias tomou seu manto, dobrou-o e bateu nas águas com ele, as quais, imediatamente, se dividiram; e os dois atravessaram sobre terra seca.

[9] Assim que atravessaram, Elias propôs a Eliseu: "Pede-me o que queres que eu te faça, antes que seja levado para longe de ti". Ao que respondeu Eliseu: "Rogo-te, como herança, porção dobrada de teu poder espiritual!"

[10] Elias respondeu: "Em verdade pediste algo muito difícil. Todavia, se me vires quando eu for levado da tua presença, assim se fará contigo; porém, se não conseguires perceber o meu arrebatamento, não se fará!"

[11] Enquanto estavam caminhando e conversando, um carro de fogo, puxado por cavalos em chamas, separou-os um do outro; e Elias subiu ao céu num redemoinho.

Eliseu, o sucessor de Elias

[12] Assim que viu tudo isso acontecendo, Eliseu gritou: "Aba, meu mestre! Meu pai! Tu foste com os carros de guerra e os cavaleiros de Israel!" E quando já não podia mais segui-lo com os olhos, Eliseu tomou as próprias vestes e as rasgou ao meio.

[13] Em seguida pegou a capa de Elias, que tinha caído, voltou e parou à margem do rio Jordão.

[14] E, havendo tomado o manto de Elias, que tinha caído, bateu com ele nas águas e

[7]Ke kaloku amashumi amahlanu abashumayeli ahamba afika ema mganyana, ejonge ngakuloo ndawo babefike bema kuyo eJordan uEliya noElisha.

[8]Ke Eliya wawuthatha umnweba wakhe, wawusonga, waza wawabetha ngawo amanzi. Amanzi ke ahlukana kubini, asinga kweli cala nakweliya, baza ke bobabini bawela emhlabeni owomileyo.

[9]Besakuba bewelile ke, uEliya ubuze kuElisha wathi: "Khawutsho, yintoni ofuna ndikwenzele yona phambi kokuba ndahlukaniswe nawe?" UElisha waphendula wathi: "Mandizuze isabelo esiphindiweyo somoya wakho, sibe lilifa lam."

[10]UEliya wathi: "Ùcele into enzima, kambe ke ukuba undibonile xa ndahlukaniswa nawe, woyifumana; kungenjalo ke akunakuyifumana loo nto."

[11]Bathe ke besahamba kunye njalo, suka kwee gqi inqwelo yomlilo enamahashe omlilo, yabahlukanisa, uEliya wenyuselwa ezulwini ngesaqhwithi.

[12]UElisha ke wayibona yonke loo nto, waza wakhala wathi: "Awu, tata wam, tata wam! Nâzo iinqwelo nabamahashe bakwaSirayeli!" UElisha ke akaphindanga ambone uEliya. Wazibamba ke iimpahla zakhe, wazikrazula zaziziqwenge ezibini.

[13]Wawuchola ke loo mnweba wawuwe kuEliya, waza waya kuma elunxwemeni lomlambo iJordan.

[14]Wawuthatha loo mnweba wawuwe kuEliya, wabetha ngawo amanzi, wathi:

declarou: “Onde está Yahweh, o Deus de Elias?” Prontamente as águas se separaram em duas partes, e Eliseu passou sobre solo seco para o outro lado.

15 Quando os discípulos dos profetas de Jericó observaram o que se passava, exclamaram: “Eis que o poder espiritual de Elias agora repousa sobre Eliseu!” Então, aproximaram-se dele e inclinaram-se com o rosto rente ao chão.

16 E lhe disseram: “Há cinquenta homens guerreiros entre os teus servos. Deixa-os ir em busca do teu senhor; pode ser que o Espírito de Yahweh o tenha levado e deixado sobre algum monte ou depositado em algum vale!” Entretanto, ele ordenou: “Não mandeis ninguém procurá-lo!”

17 Contudo, eles o importunaram a ponto de aborrecê-lo, e, então, ele consentiu: “Enviai-os, pois!” E mandaram cinquenta valentes, que o procuraram por três dias sem encontrá-lo.

18 Voltaram para junto de Eliseu, que tinha permanecido em Jericó, o qual lhes admoestou: “Não vos dissera eu que não fôsseis?”

19 Os moradores da cidade fizeram uma reivindicação a Eliseu: “A cidade tem um ambiente agradável, como bem pode ver o nosso senhor, mas suas águas são péssimas e a terra é infértil!”

“Uphi ngoku uNdikhoyo uThixo kaEliya, yena kanye?” Uthe ke akuwabetha amanzi lawo, suka ahlukana kubini, asinga kweli cala nakweliya, waza ke wawela.

15Ke kaloku bakumbona abashumayeli ababengaphesheya ngaseJeriko bathi: “Tyhini, nanko umoya kaEliya uhlala kuElisha.” Bamhlangabeza ke, baza bafika bakhahlela baguqa phambi kwakhe.

16Bathi kuye: “Uyabona, thina zicaka zakho sinamashumi amahlanu amadoda angabikwa hlaba. Makahambe aye kukhangela inkosi yakho, hleze kuthi kanti uMoya kaNdikhoyo lo uyithathe wayibeka ntabeni ithile, okanye ke ntilini ithile.” UElisha wathi: “Hayi, musani ukuwathuma.”

17Kambe ke abo bashumayeli baphikelela ukuyithetha le nto, wada ke naye waneentloni ukubalela, wathi: “Wathumeni.” Bawathuma ke loo madoda angamashumi amahlanu, aza ke amfuna iintsuku zada zantathu, kodwa akamfumana.

18Athe ke akubuya engamfumananga, eza kuElisha owayehlala eJeriko, waza ke yena wathi kuwo: “Bendingatshongo na ukuba sanukuya?”

Imimangaliso kaElisha

19Ke amadoda eso sixeko athetha noElisha athi: “Mnumzana, uyayibona nawe le dolophu yethu ukuba imi endaweni entle, kodwa ke amanzi ayo mabi, nomhlaba wayo awunamveliso.”

[20] Ordenou-lhes Eliseu: “Trazei-me um prato novo e ponde nele sal.” E eles lho trouxeram.

[21] Ele foi à fonte das águas, lançou-lhe sal e declarou: “Assim diz Yahweh: Eu purifiquei estas águas e elas não causarão mais morte e esterilidade!”

[22] Imediatamente aquelas águas se tornaram puras, e assim permanecem até o dia de hoje, conforme a Palavra que Eliseu havia proferido.

[23] De lá Eliseu subiu a Betel; ao subir pelo caminho, uns rapazinhos que saíram da cidade zombaram dele, exclamando: “Volta, careca! Suma daqui careca!”

[24] Então ele se virou para trás e, observando aquela turma de meninos, amaldiçoou-os em o Nome de Yahweh, o SENHOR. Em seguida, duas ursas ferozes saíram do bosque e despedaçaram quarenta e dois deles.

[25] Em seguida partiu para o monte Carmelo, de onde retornou a Samaria.

2 Reis 3

Eliseu salva três reis e os seus exércitos

[1] No décimo oitavo ano de Josafá, rei de Judá, Jorão filho de Acabe, tornou-se rei de Israel em Samaria e governou doze anos.

[2] Jorão procedeu erradamente diante dos olhos do SENHOR, mas não como seu pai,

[20]Wawaphendula wathi: “Yizani nesitya esitsha, nigalele ityuwa kuso.” Ngenene beza naso ke.

[21]Ke kaloku wasithatha, waya naso emthonjeni, wafika waphosa ityuwa leyo kuwo, esithi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ndiwanyangile la manzi. Soze aphinde abe nakufa, engasoze aphinde ayidodobalise nemveliso yomhlaba.’ ”

[22]Nangoku ke loo manzi atsho anempilo unanamhlanje, ngokwelo lizwi lathethwa nguElisha.

[23]Ukusuka apho ke uElisha waya eBhetele. Ke kaloku wathi esahamba apho endleleni, kwavela makhwenkwe athile apho esixekweni, aza aphoxisa ngaye esithi: “Nyuka, mpandlandini! Nyuka, mpandlandini!”

[24]Ke yena wajika, wawajonga, waza wawashwabulela egameni likaNdikhoyo. Ke kaloku kwavela iimazi ezimbini zamabhere kuloo mahlathi, zaza zawaqwenga amashumi amane anambini kuloo makhwenkwe.

[25]Ukusuka apho ke waya kwintaba iKarmele, waza ke wasuka khona wabuyela eSamariya.

2 Yookumkani 3

Uvukelo lweMowabhi

[1]UYoram, unyana ka-Ahabhi, waba ngukumkani wakwaSirayeli eSamariya kunyaka weshumi elinesibhozo wolawulo lukaYoshafati ukumkani wakwaJuda, walawula iminyaka elishumi elinambini.

[2]Ke kaloku wenza okubi emehlweni kaNdikhoyo; noko ke akadanga afike

nem como sua mãe, pois destruiu a coluna de Baal que seu pai tinha erguido para adoração.

kumgangatho kayise nonina. Walisusa ilitye likaBhali, elo lalenziwe nguyise.

[3] Contudo, seguiu os pecados de Jeroboão, filho de Nebate, maus procedimentos que induziram Israel a pecar, e dessas maldades não se afastou.

[3]Kambe ke naye wabambelela kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo wayemlukuhlele kuzo uSirayeli; ewe, naye akashenxanga kuzo.

[4] Messa, rei dos moabitas, tinha muitos rebanhos e pagava cem mil cordeiros e a lã de cem mil carneiros como tributo vassalar ao rei de Israel.

[4]Ke kaloku uMesha ukumkani waseMowabhi wayefuye iigusha, erhuma kukumkani wakwaSirayeli ngekhulu lamawaka amatakane nangoboya beenkunzi zeegusha ezilikhulu lamawaka.

[5] Todavia, quando morreu Acabe, o rei de Moabe revoltou-se contra o rei de Israel.

[5]Kambe ke akuba engasekho ukumkani uAhabhi, ukumkani waseMowabhi wamgwilikela ukumkani wakwaSirayeli.

[6] Naquela época, o rei Jorão saiu de Samaria e arregimentou todo o Israel.

[6]Ngoko ke ngelo thuba ukumkani uYoram waphuma eSamariya, wayiqokelela yonke imikhosi kaSirayeli.

[7] Depois mandou transmitir uma mensagem ao rei de Judá, dizendo: “O rei de Moabe rebelou-se contra mim; portanto, tu irás comigo à guerra contra os moabitas?” Ele prontamente replicou: “Sim! Eu irei. Estarei ao teu lado, o meu povo como o teu povo e os meus cavalos de guerra junto aos teus!”

[7]Waza ke wathumela kukumkani uYoshafati wakwaJuda esithi: “Ukumkani waseMowabhi undigwilikele. Awungebi nako na ke ukundixhasa silwe nayo iMowabhi?” Ke uYoshafati wathi: “Kulungile, ndiyaya. Mna nawe sibanye; abantu bam ngabantu bakho, namahashe am ngamahashe akho.”

[8] E indagou: “Por qual caminho haveremos de subir?” Ao que Jorão orientou: “Pelo caminho do deserto de Edom!”

[8]Waza ke wathi: “Sovela ngaliphi na icala xa sibahlaselayo?” UYoram waphendula ngelithi: “Ngentlango yase-Edom.”

[9] O rei de Israel, o rei de Judá e o rei de Edom partiram. E depois de darem uma volta de sete dias de marcha, faltou água para o exército e para os animais que o seguiam.

[9]Waphuma ke ngoko ukumkani wakwaSirayeli, enokumkani wakwaJuda nowase-Edom. Emva kwendlela ejikelezayo yeentsuku ezisixhenxe umkhosi lowo waphelelwa ngamanzi, akwabikho nala emfuyo.

[10] Então o rei de Israel exclamou: “Ai de nós! Será que Yahweh reuniu-nos, os três

[10]Ke kaloku ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Yini le, angathini uNdikhoyo

reis, para entregar-nos nas mãos dos moabitas?”

ukuqokelela ookumkani abathathu aba, kanti uza kusuka abanikele esandleni samaMowabhi ngolu hlobo?”

11 Mas Iehoshafat, Josafá, rei de Judá indagou: “Acaso não existe aqui um profeta de Yahweh, para podermos consultar o SENHOR por seu intermédio?” Então um dos servos do rei de Israel respondeu: “Está aqui Elishá ben Shafat, Eliseu filho de Safate, que como discípulo derramava água sobre as mãos de Elias!”

11UYoshafati wathi: “Bekungasekho mshumayeli kaNdikhoyo esingabuzisa kuNdikhoyo ngaye na apha?” Ke igosa elithile lokumkani wakwaSirayeli laphendula lathi: “Ukhona apha uElisha, unyana kaShafati. Ngulowa wayelihlakani likaEliya.”

12 Então declarou Josafá: “Ele tem a Palavra de Yahweh!” Em seguida, o rei de Israel, Josafá e o rei de Edom desceram ao encontro do profeta.

12UYoshafati wathi: “Nanko ke umntu onelizwi likaNdikhoyo!” Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli ekunye noYoshafati nokumkani wase-Edom behla baya kuye.

13 Mas Eliseu respondeu ao rei de Israel: “Que tenho eu a ver contigo? Vai consultar os profetas de teu pai e os videntes de tua mãe!” Entretanto o rei de Israel contestou-lhe: “Não! É que Yahweh reuniu-nos, os três reis, para entregar-nos nas mãos de Moabe!”

13Ke uElisha wathi kukumkani wakwaSirayeli: “Andinanto yakwenza nawe! Hamba wena uye kubashumayeli bakayihlo nonyoko!” Waphendula ke ukumkani wakwaSirayeli wathi: “Hayi kaloku, nguNdikhoyo ngokwakhe osiqokeleleyo thina zikumkani sobathathu, wathi kanti uza kusinikela esandleni samaMowabhi.”

14 Ao que Eliseu retrucou: “Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR dos Exércitos, a quem sirvo, que se não fosse por respeito a Josafá, rei de Judá, eu não te daria a menor atenção, nem sequer olharia para teu rosto!

14Ke uElisha wathi: “Inene, ekho nje uNdikhoyo uSomandla, lo ndimkhonzayo, ukuba bekungeyiyo into yokuba ndihlonele ubukho bukakumkani uYoshafati wakwaJuda, ngendinganijongi nokunijonga, ndinganikhathalele futhi.

15 No entanto, trazei-me agora um tocador de harpa!” Ora, enquanto o músico dedilhava a harpa, a poderosa mão do Eterno veio sobre Eliseu.

15Kodwa ke khawuze nomdlali wehapu.” Uthe ke umdlali-hapu lowo akuyikhalisa, satsho saphezu koElisha isandla sikaNdikhoyo,

16 E lhe ordenou: “Assim diz o SENHOR: ‘Cavai muitos poços neste vale!’

16waza wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Yenzani imisele kule ntili.’

[17] Porquanto assim fala Yahweh: 'Eis que não sentireis vento, nem vereis chuva, todavia este vale se encherá de água boa e saciareis a vossa sede e a sede de todo o vosso rebanho e de vossos animais de carga!'

[18] Mas isto é ainda pouco aos olhos de Yahweh, pois Ele entregará Moabe em vossas mãos.

[19] Destruireis todas as cidades fortificadas, cortareis todas as árvores frutíferas, tapareis todas as nascentes e cobrireis de pedras todos os campos férteis!"

[20] E aconteceu que, ao raiar do dia seguinte, na hora do sacrifício matinal, muita água veio descendo da direção de Edom e alagou toda a região.

[21] Assim que os moabitas tomaram conhecimento de que os reis tinham vindo atacá-los, todos os que eram capazes de empunhar armas, das crianças aos mais idosos, foram convocados e tomaram posição de guerra na fronteira.

[22] Ao alvorecer do dia seguinte, quando se levantaram e o sol começou a refletir seu brilho sobre as águas, os moabitas viram de longe aquelas águas vermelhas e lhes pareceu como sangue.

[23] Então exclamaram assustados: "É sangue! Certamente aqueles reis lutaram entre si e se mataram uns aos outros. E agora, Moabe, à pilhagem!"

[24] Mas quando eles se aproximaram do acampamento dos israelitas, estes se ergueram, os atacaram e os puseram em

[17]Kuba kaloku uNdikhoyo uthi: 'Akuyi kubakho moya namvula, kodwa yona intili le yophuphuma amanzi, uze ke wena neenkomo zakho nayo yonke imfuyo yakho ningawasweli amanzi okusela.'

[18]Leyo ke yinto elula kuNdikhoyo; noMowabhi lowo womnikela esandleni senu.

[19]Zonke izixeko ezinqatyisiweyo kunye nezo zizezona zibalulekileyo niya kuzoyisa. Yonke imithi emihle niya kuyigawula, niyivingce yonke imithombo, namasimi endyebo onke niwonakalise ngamatye."

[20]Ngentsasa elandelayo ke, ngexesha lokunikela amadini, kwaba sekunjalo: amanzi ayempompoza evela ngakwicala lakwaEdom! Ewe, yaba zizantyala-ntyala zamanzi.

[21]Ke amaMowabhi avile ukuba ookumkani aba beze kulwa nawo; ngoko ke aqokelela yonke into eyindoda, omncinci nomdala onako ukuxhoba ezemfazwe, aza emiswa emideni.

[22]Ukuvuka kwawo kusasa ilanga lalikhazimla emanzini. Ke kaloku ngaphesheya phaya kumaMowabhi amanzi lawo asuka angathi abomvu njengegazi.

[23]Athi: "Hayi bo, ligazi eliya! Ookumkani abaya fana balwe bodwa babulalana. Phakathi, maMowabhi! Amaxhoba ahlel' odwa!"

[24]Kodwa ke athi akufika ekampini yamaSirayeli amaMowabhi lawo, suka avuka amaSirayeli, alwa ada awasukela.

fuga. Entraram no território dos moabitas e o arrasaram.
[25] Destruíram as cidades, e à medida que as tropas iam passando por sobre os campos férteis iam jogando pedras, cada homem lançava a sua, até que todo o solo cultivável ficasse coberto, taparam todas as nascentes e derrubaram todas as árvores frutíferas. Restou apenas a cidade de Kir Hareshet, capital de Moabe, sobre suas próprias pedras. Contudo, os soldados armados de atiradeiras a cercaram e também a atacaram.

[26] Quando o rei de Moabe percebeu que seria vencido, conduziu pessoalmente setecentos homens, hábeis na luta com espada, a fim de forçarem a passagem até o rei de Edom, mas não teve sucesso.

[27] Então tomou seu filho mais velho, que seria o futuro sucessor do seu trono, e o sacrificou ao deus dos moabitas Camos sobre o muro da cidade. Essa atitude provocou grande ira divina em Israel; por esse motivo eles se retiraram e voltaram para a sua terra.

2 Reis 4

Eliseu aumenta o azeite da viúva

[1] Certo dia, a esposa de um dos discípulos dos profetas suplicou a Eliseu, dizendo: “Teu servo, meu marido, morreu, e bem sabes o quanto teu servo amava com zelo a Yahweh. Agora um credor acaba de chegar à nossa casa para levar meus filhos como escravos pelo pagamento da dívida.

Hayi ke, amaSirayeli alihlasela elo lamaMowabhi, akawabulala awaxhela.

[25]Azitshabalalisa iidolophu, aza kuloo masimi anendyebo yayileyo indoda yaphosa ilitye, yaza yaba lilitye nje kuloo masimi. Ayivingca imithombo, ayigawula nemithi emihle. YiKir-hareshete yodwa ekungazange kuchukunyiswe nelitye eli kuyo, kodwa nayo amadoda axhobe ngeenkwitshi ayingqinga ayihlasela.

[26]Uthe ke akubona ukuba idabi limongamele ukumkani waseMowabhi, suka wathatha amakhulu asixhenxe amadoda alwa ngeentshuntshe, wazama ukutyhoboza aphumele kukumkani wase-Edom, kambe ke woyiswa nayile into.

[27]Ngoku ke wathatha unyana wakhe oyinkulu, eyayiza kuba ngukumkani xa yena engasekho, wenza ngaye idini elitshiswayo phezu kodonga lwesixeko eso. Ke kaloku amaSirayeli akhamnqa ngendlela engathethekiyo; aza ke ahlehla agoduka.

2 Yookumkani 4

Amafutha omhlolokazi

[1]Umhlolokazi othile, omyeni wayengomnye wabashumayeli, wakhalela uElisha esithi: “Umyeni wam ongasekhoyo, isicaka sakho, nawe uyamazi ukuba ebemhlonele uNdikhoyo. Kambe ke ngoku engasekho umntu awayenetyala kuye ufuna ukuthimba amakhwenkwe am amabini abe ngamakhoboka.”

[2] Eliseu lhe indagou: “Que posso fazer por ti? Dize-me, que tens em casa?” Ao que ela prontamente respondeu: “Tua serva nada tem em casa, a não ser uma vasilha com azeite!”

[3] Então, ele ordenou: “Vai e pede emprestadas a todos os teus vizinhos ânforas vazias, tantos quantas puder recolher!

[4] Depois entra em tua casa, fecha a porta atrás de ti e de teus filhos e derrama do azeite puro que brotar em todos esses vasos, pondo-os de lado à medida que forem ficando cheios”.

[5] Assim ela se foi, trancou-se em casa com seus filhos e começou a encher as vasilhas que eles lhe traziam.

[6] Quando todas as ânforas estavam cheias, a mulher pediu a um dos filhos: “Traze mais uma vasilha!” Ao que ele replicou: “Não há mais nenhuma vazia!”; então aquele azeite parou de correr.

[7] Em seguida ela saiu e contou tudo o que se passara ao homem de Deus, que lhe orientou, dizendo: “Pois agora vai, vende esse óleo puro, paga todas as tuas dívidas e viverás em paz, tu e teus filhos, do que restar da venda.”

A sunamita e o seu filho

[8] Um dia Eliseu foi a Suném, onde vivia uma mulher rica que lhe ofereceu com insistência uma refeição em sua casa. Depois disso, sempre que passava por aquela cidade, ele parava para visitá-la e comer alguma coisa.

[2]UElisha wathi kuye: “Ndingakunceda kanjani ke? Khawutsho, unantoni endlwini yakho?” Ke yena wathi: “Akukho nto sinayo isicakazana sakho esi ngaphandle kwengqayana yamafutha omnquma.”

[3]UElisha wathi: “Khawuhamba-hambe ujikeleze ebumelwaneni, ufune iingqayi ezingenanto, zingabi mbalwa, koko zibe ninzi.

[4]Wakuba uzifumene ke, ngena endlwini yakho noonyana bakho, nizivalele khona. Uze ke ugalele amafutha lawo kwezo ngqayi zonke. Yakuzala enye yibeke bucala.”

[5]Bahlukana ke, waza wazivalela noonyana bakhe apho endlwini. Bazizisa kuye iingqayi, waza ke yena wamana ezizalisa ngamafutha omnquma.

[6]Zithe ke zakuzala zonke, wabhekisa kunyana wakhe wathi: “Yiza nenye kwakhona.” Kodwa ke yena wathi: “Ziphelile; akukho yimbi eseleyo.” Namafutha ke atsho aphela.

[7]Wahamba ke waya kuxelela umfo wakwaThixo owathi kuye: “Hamba uye kuthengisa loo mafutha, uhlawule amatyala akho. Aseleyo ke nophila ngawo, wena noonyana bakho.”

Ukuphiliswa konyana womShunemikazi

[8]Ngenye imini uElisha waya eShunem. Khona apho kwakukho mfazi uthile usisityebi owamcelayo ukuba angene endlwini yakhe afumane into etyiwayo. Ebesithi ke, xa adlulayo, aphambukele khona ukuba afumane into etyiwayo.

[9] Certa vez ela sugeriu ao seu marido: “Olha: sei que esta pessoa que sempre nos visita é um santo homem de Deus.

[10] Portanto, vamos construir para ele, no terraço, um quarto de tijolos e colocar nele uma cama, uma mesa, uma cadeira e uma lamparina. Deste modo, sempre que passar por nossa casa ele poderá se hospedar nele”.

[11] Um dia, quando Eliseu chegou a essa casa, subiu ao seu quarto e deitou-se para descansar um pouco.

[12] Mandou seu servo Geazi chamar a mulher sunamita. O moço a chamou e, assim que ela chegou,

[13] Eliseu mandou Geazi dizer-lhe: “Tu tens sido generosa e nos proporcionado muitos benefícios; o que poderíamos fazer por ti? Gostaria que eu intercedesse por ti junto ao rei ou ao comandante do exército?” Diante do que ela respondeu: “Eis que vivo em paz entre o meu próprio povo”.

[14] Mais tarde, entretanto, Eliseu perguntou a Geazi: “O que poderíamos fazer em favor dessa mulher?” E Geazi respondeu: “Bem, ela não tem filho, e seu marido é bastante idoso”.

[15] Então solicitou-lhe Eliseu: “Vai e chama-a de novo”. Geazi foi e a chamou, e ela chegou até a porta.

[16] E Eliseu lhe declarou: “Por volta desta época, no ano que vem, terás um filho nos braços!” Contudo ela ponderou: “Não, meu senhor, não iludas a tua serva, ó homem de Deus!”

[9]Lo mfazi ke wathetha nendoda yakhe wathi: “Ndiyaqonda ukuba lo mfo umana engena apha ngumntu okhethekileyo wakwaThixo.

[10]Ngoko ke masimakhele igunjana apha phezu kwendlu yethu, kulo sibeke umandlalo, itafile, isitulo, nesibane, khon' ukuze athi xa efikile ahlale kulo.”

[11]Efikile ke ngenye imini uElisha, wangena apho kwelo gumbi lakhe, wangqengqa.

[12]Wathetha nehlakani lakhe uGehazi, wathi: “Khawubize lo mfazi womShunem eze apha.” Wambiza ke, waza wafika wema phambi kwakhe.

[13]UElisha wathi kuGehazi: “Buza kuye uthi: ‘Njengoko usenzele yonke le nquleqhu nje, mna ke ndingakwenzela ntoni? Awungethandi ndikuthethele kukumkani okanye kwinjengele yomkhosi?’ ” Ke yena wathi: “Hayi noko, ndihleli phakathi kwamawethu.”

[14]UElisha wathi: “Ngaba angenzelwa ntoni na?” UGehazi wathi: “Ngathi akananyana, ibe ke nendoda yakhe seyikhulile.”

[15]UElisha wathi: “Mbize.” Ngoko ke wambiza, waza wafika wema emnyango.

[16]UElisha wabhekisa kuye wathi: “Ngeli xesha kunyaka ozayo uya kuba usingathe unyana ezandleni zakho.” Ke kaloku yena wathi: “Hayi, nkosi yam, mfo wakwaThixo, musa ukusikhohlisa isicakazana sakho.”

[17] Entretanto, assim como Eliseu lhe afirmara, a mulher sunamita engravidou e, no ano seguinte, no tempo certo, deu à luz um filho.

[18] Quando o menino já estava crescido, saiu um dia com seu pai, que estava com os ceifeiros.

[19] Então ele gritou ao pai: “Minha cabeça! Ai que dor na cabeça!” O pai imediatamente rogou a um servo: “Leva-o a sua mãe!”

[20] Este o tomou e o levou a sua mãe; e o menino ficou no colo dela até o meio-dia e, então morreu.

[21] Ela subiu, deitou-o sobre a cama do homem de Deus e, depois de fechar a porta, se foi.

[22] Então mandou chamar o marido e suplicou-lhe: “Manda-me, pois, um dos servos com uma jumenta: vou depressa à casa do homem de Deus e volto logo!”

[23] Indagou-lhe o marido: “Por que vais ter com ele hoje ainda? Não é neomênia, dia de lua nova, nem Shabbath, Sábado!” Mas ela, despedindo-se, lhe disse: “Shalom, fica em paz!”

[24] Então ela mandou selar a jumenta e ordenou ao servo: “Conduz-me depressa e não para no caminho, senão quando eu mandar.

[25] Ela partiu para encontrar-se com o homem de Deus no monte Carmelo. Assim que ela avistou de longe, o homem de Deus alertou seu servo Geazi: “Ali vem chegando a sunamita;

[26] corre, pois, ao encontro dela e indaga-lhe: “Está tudo bem? Como está teu marido? E

[17]Ewe, umfazi lowo ke wamitha, waza ke kunyaka olandelayo malunga nelo thuba wafumana unyana ngokwelizwi elalithethwe nguElisha.

[18]Akukhula ke umntwana lowo, ngamhla uthile waya kuyise owayesemasimini nabavuni.

[19]Wathi kuyise: “Intloko yam; intloko yam!” Uyise ke wabhekisa kwisicaka sakhe, wathi: “Mthwale umse kunina.”

[20]Samthwala ke, samsa kunina, umntwana lowo wahlala njalo esingathiwe ngunina, kwada kwasemini, waza ke wasweleka.

[21]Ke unina wamthatha waya naye kwigumbi lomfo wakwaThixo, wafika wambeka emandlalweni wakhe, waza ke waluvala ucango waphuma.

[22]Ke wathetha nomyeni wakhe wathi: “Nceda utsho isicaka size nedonki apha; ndifuna ukuya kulaa mfo wakwaThixo ngoku, ndiphinde ndibuye.”

[23]Ke yena wabuza wathi: “Ngani ukuba uye kuye namhlanje? Inyanga ayikathwasi, ibe ingenguwo noMhla woPhumlo.” Umfazi waphendula wathi: “Sukukhathazeka.”

[24]Waza ke umfazi lowo wabeka isali edonkini, wathi kwisicaka: “Ndikhokele, ungacothi ngaphandle kokuba kutsho mna.”

[25]Ngoko ke waphuma waya kumfo wakwaThixo kwintaba iKarmele. Umfo wakwaThixo wambona esemgama, waza wathetha nehlakani lakhe uGehazi, wathi: “Uyabona, nankuya umShunemikazi esiza!

[26]Yiya kumhlangabeza, ufike ubuze uthi: ‘Uphila njani? Usaphila umyeni wakho?

como está teu filho?" E ela respondeu a Geazi: "Shalom, tudo em paz!"

[27] Contudo, assim que chegou ao monte, diante do homem de Deus, prostrou-se aos seus pés. Geazi aproximou-se para erguê-la, mas o homem de Deus lhe pediu: "Deixa-a em paz, porquanto seu coração está muito angustiado, mas Yahweh não quis me revelar o motivo desta terrível aflição!"

[28] Então ela desabafou: "Porventura pedi ao meu senhor algum filho? Eu não te roguei para que não me enganasses?"

[29] No mesmo instante Eliseu ordenou a Geazi: "Cinge teus lombos, prepara-te, pega o meu cajado na mão e vai. Se encontrares alguém pelo caminho, nem o cumprimentes; se alguém te saudar, nem lhe respondas. Assim que chegares deposita o meu cajado sobre o rosto do menino!"

[30] Porém a mãe do menino exclamou: "Tão certo como vive o SENHOR e tu vives, juro que se ficares aqui, eu não retornarei aos meus!" Então ele decidiu acompanhar a mulher até sua casa.

[31] Contudo, Geazi chegou primeiro e colocou o cajado sobre o rosto do menino sem vida, mas ele não disse uma palavra, nem reagiu de forma alguma. Então Geazi saiu correndo de volta e encontrou-se com Eliseu no caminho e exclamou: "Mestre, o menino não volta a si!"

[32] Quando Eliseu chegou à casa da sunamita, o menino estava deitado, morto e estendido sobre sua cama.

Umntwana yena uphilile?' " "Hayi noko konke nje kulungile," waphendula watsho.

[27]Uthe ke akufika apho entabeni kumfo wakwaThixo wasuka wambamba ezinyaweni. Ke yena uGehazi wafuna ukumtyhiliza, kodwa ke umfo wakwaThixo wathi: "Hayi, myeke! Usengxakini ebuhlungu, kambe uNdikhoyo undifihlele, akandixelela ukuba kungenxa yantoni na."

[28]Umfazi lowo wathi: "Ngaba ndakha ndamcela na umntwana kuwe, nkosi yam? Ndandingatshongo na ukuthi: 'Musa ukundinika ilize lethemba'?"

[29]UElisha wabhekisa kuGehazi wathi: "Finyeza uxhabashe! Thatha induku yam, uhambe ngokukhawuleza, ubaleke. Umntu odibana naye ngendlela uze ungambulisi, nawe xa umntu ekubulisa, uze ungachithi ixesha ngempilo. Le nduku yam uze uyibeke phezu kobuso benkwenkwe leyo."

[30]Kodwa ke unina womntwana wathi: "Ekho nje uNdikhoyo, ukho nje nawe, andiyi kuhamba ngaphandle kwakho." Ngoko ke waphakama uElisha wamlandela.

[31]Ke kaloku uGehazi wabakhokela, wafika wabeka induku leyo phezu kobuso benkwenkwe, kodwa ke kwathi cwaka akwabikho kusabela. Ke uGehazi wajika wahlangabeza uElisha wamxelela esithi: "Laa nkwenkwe ayivuki tu."

[32]Ekufikeni kwakhe ke uElisha kwelo khaya, wafumana inkwenkwe leyo isemandlalweni wakhe, iseliswelekile.

[33] Então ele entrou, fechou a porta e orou a Yahweh, o SENHOR.

[34] Em seguida deitou-se sobre o menino, encostando sua boca à boca do menino, seus olhos sobre os olhos do menino, e as suas mãos repousaram sobre as mãos do menino. Enquanto se debruçava sobre ele, o corpo do menino foi se aquecendo.

[35] Eliseu levantou-se e começou a caminhar pelo quarto de um lado para o outro; depois subiu na cama e estendeu-se sobre o corpo do menino mais uma vez; então o menino espirrou sete vezes e abriu os olhos.

[36] Eliseu chamou Geazi e o mandou imediatamente chamar a sunamita. E Geazi foi correndo. Quando ela chegou, Eliseu disse: “Toma teu filho!”

[37] Ele entrou, prostrou-se a seus pés, curvando-se com o rosto rente ao chão. Em seguida pegou o filho e saiu.

A morte que havia na panela é tirada

[38] Eliseu voltou a Guilgal, quando a fome assolava toda a região. Estando os discípulos dos profetas sentados à sua frente, ele solicitou ao seu servo: “Põe a panela grande no fogo e prepara uma sopa para os irmãos profetas”.

[39] Um deles saiu ao campo para apanhar verdura e encontrou uma espécie de trepadeira silvestre. Apanhou alguns de seus frutos e encheu deles seu manto. Assim que retornou, cortou-os em pedaços e colocou-os no caldeirão do ensopado, embora ninguém soubesse o que era.

[33]Akufika ke wangena apho egumbini, waza waluvala ucango, basala bobabini, waza ke wathandaza uNdikhoyo.

[34]Ngoko ke wazolula apho phezu kwaloo nkwenkwe, yangumlomo emlonyeni, neliso elisweni, nezandla ezandleni. Kuthe ke kusenjalo, suka waya ufudumala ngokufudumala umzimba wenkwenkwe leyo.

[35]UElisha ke wakhe wayishiya, wahamba-hamba apho endlwini, waza ke waphinda wabuya wazolula apho phezu kwenkwenkwana. Ke inkwenkwe leyo yathimla kasixhenxe, yaza ke yawavula amehlo ayo.

[36]UElisha wayalela uGehazi wathi: “Khawubize umShunemikazi lowo!” Wambiza ke, kwathi akuba efikile wathi: “Thatha, nanko unyana wakho!”

[37]Wangena ke, wavova, waguqa emhlabeni. Waza ke wasuka wamthatha unyana wakhe lowo, waphuma.

Imbiza enokufa

[38]Ke uElisha wabuyela eGiligali. Ngelo thuba kwakukho imbalela kuloo ngingqi. Ke kaloku iqela labashumayeli lalihleli phambi kwakhe, waza wathi kwihlakani lakhe: “Thatha imbiza enkulu, uphekele aba bashumayeli isityu.”

[39]Omnye wâbo bashumayeli waphuma, waya emasimini, wafika waqokelela amathangazana. Wawaqokelela wawaqushula ngesondo lengubo yakhe. Akubuya ke wawanqunqela kuloo mbiza yesityu, nakuba kwakungekho mntu uwaziyo into ayiyo.

[40] O ensopado foi servido aos homens, mas logo que o provaram, gritaram: “Ó homem de Deus, há morte na panela!” E não conseguiram mais comer.

[41] Entretanto Eliseu ordenou: “Trazei farinha!” Ele a despejou na panela e orientou: “Servi aos homens para que possam se alimentar em paz”. E já não havia mais qualquer perigo naquele caldeirão.

Vinte pães satisfazem cem homens

[42] Um homem veio de Báal-Shalisha, Baal-Salisa, trazendo consigo pães das primícias, vinte pães de cevada, feitos dos primeiros grãos da colheita, e também algumas espigas verdes. Então Eliseu orientou ao seu servo: “Serve ao povo para que coma!”

[43] Porém o seu servo lhe questionou: “Como servirei a cem homens?” Eliseu replicou: “Serve o povo para que coma, porque diz Yahweh, o SENHOR: ‘Comerão e ainda sobrará!’

[44] Assim, mediante a Palavra do SENHOR, o servo começou a repartir o pão entre o povo, todos se alimentaram e ainda sobrou.

2 Reis 5

Naamã é curado da lepra

[1] Naamã, chefe do exército do rei Aram, da Síria, era um homem muito respeitado e honrado pelo seu senhor, pois por meio dele o SENHOR dera vitória à Síria. No entanto, esse valoroso guerreiro contraiu uma terrível doença de pele.

[2] Numa de suas campanhas militares, os sírios haviam levado cativa uma menina da

[40]Isityu eso ke saphakwa sanikwa loo madoda, kodwa ke athe xa aqalayo ukutya akhala athi: “Mfo wakwaThixo, ukufa kusembizeni!” Akaba nako ke ukusitya esi sityu.

[41]Ke uElisha wathi: “Ndiziseleni umgubo wengqolowa.” Wawuthatha ke, wawugalela apho embizeni, wathi: “Phakelani abantu batye.” Bakutya ke ukutya oko kungenasikhwa.

Ukudliswa kwabantu abalikhulu

[42]Ke kaloku kwafika umfo othile, evela eBhali-shalisha, ezisele umfo wakwaThixo izonka ezinerhasi ezimashumi mabini. Zazenziwe ngolibo lwerhasi. Kananjalo wayephethe nezikhwebu zolibo olo. UElisha wathi kuye: “Yipha abantu batye.”

[43]Kambe ke saphendula isicaka sathi: “Ndingathini ukubeka intwana engaka phambi kwabantu abalikhulu?” Kodwa ke uElisha wathi: “Yipha abantu batye. Kaloku uNdikhoyo uthi: ‘Baya kutya bade bakushiye.’ ”

[44]Wakuthatha ke wakunika abantu, baza batya bada bakushiya, ngokomlomo kaNdikhoyo.

2 Yookumkani 5

Ukuphiliswa kukaNahaman

[1]Ke kaloku uNahaman wayeyinjengele yomkhosi wokumkani wakwa-Aram. Yayingumfo ohlonitshwayo noxatyisiweyo nayinkosi yakhe. Kaloku kwakungaye lowo ukuze uNdikhoyo awaphe uloyiso ama-Aram. Wayelikroti lomfo, nto nje eneqhenqa.

[2]Ke iqela elithile lama-Aram laphuma lahlasela uSirayeli, laza lathimba

terra de Israel, que passou a servir a esposa de Naamã.

[3] Um dia a menina sugeriu à sua patroa: “Quem me dera o meu senhor procurasse o profeta que está em Samaria! Com certeza ele o curaria da sua lepra”.

[4] Então Naamã comentou essa informação com seu senhor: “Assim falou a menina israelita”.

[5] O rei da Síria respondeu: “Vai depressa com esta carta de apelo ao rei de Israel”. Ele partiu e levou consigo trezentos e cinquenta quilos de prata, setenta e dois quilos de ouro e dez mudas de roupas finas.

[6] E levou também ao rei de Israel a carta, que dizia: “No momento em que estiveres recebendo esta carta, saberás que te enviei meu servo Naamã, para que o cures dessa espécie de lepra.”

[7] Assim que o rei de Israel leu a carta, irritou-se sobremaneira e rasgou suas roupas, exclamando: “Por acaso sou Deus, que pode matar e dar a vida, para que ele me envie um homem a fim de que eu o cure da lepra? Vede como procura um motivo para criar um conflito entre nós!”

[8] Quando Eliseu, o homem de Deus, ouviu que o rei de Israel tinha rasgado as roupas, mandou dizer ao rei: “Por que rasgaste tuas vestes? Envia-o a mim e saberás que, em verdade, há profeta em Israel!”

ntombazana ithile, yaza ke yaya kusebenzela umka-Nahaman.

[3]Ke yona yathi apho kuloo mfazi: “Akwaba inkosi yam le ibingabonana nomshumayeli okweliya laseSamariya! Ebengayiphilisayo kweli qhenqa layo.”

[4]UNahaman waya enkosini yakhe, wayibikela oko kuthethwe yintombazana yakwaSirayeli.

[5]Ke ukumkani wakwa-Aram wathi: “Kulungile, ungaya; ndokuphathisa neleta eya kukumkani wakwaSirayeli.” Wanduluka ke ngoko uNahaman ephethe amashumi amathathu amawaka esiliva, nesithandatu samawaka egolide, kunye neshumi lezambatho zokutshintsha ezenziwe ngelaphu elihle kunene.

[6]Loo leta wayisayo kukumkani wakwaSirayeli yayisithi: “Le leta ipheleka iphakathi lam uNahaman, endimthumela kuwe, khon' ukuze umnyange kwelo qhenqa lakhe.”

[7]Uthe ke asakuyifunda loo leta ukumkani wakwaSirayeli, suka wazikrazula izambatho zakhe esithi: “Ngaba ndinguThixo ngoku? Ndingabulala kakade, okanye ndiphilise? Ngani ke ukuba lo mfo andithumelele umntu ekufuneka anyangwe iqhenqa? Kucacile ukuba lo mfo uzama ukuqhwaya udushe!”

[8]Ke uElisha umfo wakwaThixo uthe akuva ukuba ukumkani wakwaSirayeli uzikrazule izambatho zakhe, wathumela kuye esithi: “Ngani ukuba ude ukrazule izambatho zakho? Loo mntu mthumele apha kum; uya kutsho aqonde ukuba ukho umshumayeli kwaSirayeli.”

[9] Naamã foi com seus cavalos e com seu carro e parou na entrada da casa de Eliseu.

[10] Então este mandou um mensageiro dizer-lhe: "Vai lavar-te sete vezes no Jordão e tua carne te será restituída e ficará limpa!"

[11] No entanto, Naamã, sentindo-se insultado, retirou-se reclamando: "Eu imaginava que este homem viria receber-me pessoalmente, invocaria em pé o Nome do SENHOR, o seu Deus, moveria a mão sobre as feridas e me curaria desta enfermidade horrível na minha pele!

[12] Ora, porventura os rios de Abana e Farfar de Damasco não são melhores do que todas as águas de Israel? Não poderia eu lavar-me neles para ficar curado?" E, voltando as costas, retirou-se indignado.

[13] Contudo, seus servos, aproximando-se dele, aconselharam: "Aba, meu pai e mestre! Mesmo que o profeta te houvesse ordenado algo difícil, não o terias realizado? Quanto mais agora que ele simplesmente te orienta: 'Lava-te e ficarás purificado'.

[14] Então Naamã aquiesceu, desceu ao Jordão, mergulhou sete vezes conforme a orientação do homem de Deus e ficou completamente curado. Sua pele tornou-se sadia e limpa como a pele de um menino.

[15] Em seguida retornou à casa de Eliseu com toda a sua comitiva. Ao chegar diante do homem de Deus, declarou: "Eis que agora sei que em toda a terra não há Deus, a não

[9]Ngoko ke uNahaman wahamba naloo mahashe, nezo nqwelo zakhe, waya kuma esangweni kwamshumayeli uElisha.

[10]UElisha wamthumelela isigidimi esithi: "Yiya emlanjeni iJordan, uhlambe kasixhenxe. Ulusu lwakho lobuyela kwimo yalo yangaphambili, uhlambuluke."

[11]Kambe ke uNahaman wemka apho egqusha ngumsindo, esithi: "Mna bendicinga ukuba lo mfo uya kuphuma eze kum, akhe eme anqule igama likaNdikhoyo uThixo wakhe, futhi akhe awangawangise nangesandla kule ndawo, ukuze ke ndinyangeke.

[12]Kanti, ngaba akukho mlambo ngoku eDamasko? Ziye phi iAbhana neFarpare, imilambo yokwenyani edlula nawuphi na okwaSirayeli? Bendingehlambi khona ndihlambuluke?" Wajika, wahamba enomsindo.

[13]Ke zona izicaka zikaNahaman zaya kuye, zathi: "Nkosi, ukuba umshumayeli lowa ebethe yenza into enkulu kunale, ngaba ubungayi kuyenza na? Kukangakanani ke, nkosi, xa yena esithi: 'Hlamba ukuze uhlambuluke'!"

[14]Ngoko ke uNahaman wehla waya eJordan, wafika wantywila khona kasixhenxe ngokwelizwi awayelixelelwe ngumfo wakwaThixo. Ngenene ke ulusu lwakhe lwahlaziyeka lwahlambuluka lwaba njengolomntwana.

[15]Ke kaloku uNahaman namaphakathi akhe lawo onke babuyela kumfo wakwaThixo. Wema phambi kwakhe wathi: "Ngoku ndiyaqonda ukuba akukho Thixo wumbi ehlabathini liphela ngaphandle kwalowo

ser em Israel; rogo-te, pois, que recebas um presente do teu servo.

[16] Entretanto o homem de Deus respondeu: “Juro por Yahweh, o Nome do SENHOR, o Deus vivo, a quem sirvo, que nada aceitarei!” Naamã ainda insistiu com ele para que recebesse um presente, mas ele se recusou a receber qualquer gratificação.

[17] Então Naamã pediu: “Permita ao menos que este teu servo leve duas mulas carregadas de terra, porquanto de agora em diante teu servo jamais oferecerá holocaustos nem sacrifícios a outros deuses, senão a Yahweh, o SENHOR!

[18] Contudo, eu rogo a Yahweh que me perdoe por uma única atitude: Quando eu tiver de acompanhar meu rei ao templo de Rimom, o deus da Síria, meu senhor costuma apoiar-se no meu braço para reverenciar sua divindade, e, por isso, tenho que me ajoelhar ali também. Que o SENHOR perdoe teu servo por isso”.

[19] Ao que lhe respondeu Eliseu: “Shalom! Vai em paz e boa viagem.” E Naamã foi se afastando.

Geazi é atacado da lepra

[20] Quando Naamã já estava a certa distância, Guehazi, Geazi, o servo de Elishá, Eliseu, o homem de Deus, protestou: “O meu senhor poupou este sírio Naamã, negando-se aceitar dele alguma gratificação do muito que trazia! Tão certo como vive o SENHOR,

wakwaSirayeli! Ngoko ke nceda wamkele nasi isipho osinikwa sisicaka sakho!”

[16]Ke umshumayeli waphendula wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, lo ndimkhonzayo, andisayi kwamkela nento le!” Ewe, wala kwaphela, nakuba wazamayo ukumcenga uNahaman.

[17]UNahaman waqhuba wenjenje: “Xa ke ungavumi ke, nkosi yam, mna ke ndiyakubongoza, mna sicaka sakho, mandiphiwe umhlaba ongumthwalo olingene iimeyile ezimbini, kuba kaloku mna sicaka sakho andisoze ndiphinde nditshise madini, ndenze naminikelo kuthixo ongomnye ngaphandle koNdikhoyo.

[18]Kodwa ke uNdikhoyo makandixolele mna sicaka sakho, ngenxa yale ndawo: kaloku kuza kuthi xa inkosi yam ingena kwisibingelelo sikaRimon, isiya kunqula khona, ide ibambelele nakule ngalo yam, nam kofuneka ndikhahlele. Ewe, into endiyicelayo kukuba ndithi xa ndinqula apho esibingelelweni sikaRimon, uNdikhoyo andixolele mna sicaka sakho ngaloo nto.”

[19]UElisha wathi kuye: “Hamba ngoxolo!” Emzuzwini, uNahaman selehambe umgama othile,

[20]uGehazi ihlakani likaElisha, umfo wakwaThixo, wathetha yedwa wathi: “Hayi khona, inkosi yam le ide yagabadela ukumlungiselela oku lo mAram unguNahaman. Ingathini ukude ingathathi nomrhumo aze nawo lo? Hayi, suka; ekho

irei atrás dele e receberei dele alguma recompensa!"

[21] Em seguida, partiu Geazi às pressas com o objetivo de alcançar Naamã, que, percebendo sua aproximação, parou sua carruagem e desceu para encontrá-lo e indagou: "O que houve? Está tudo bem?"

[22] Ao que Geazi respondeu prontamente: "Sim, tudo bem. Mas meu senhor enviou-me para informar-te que dois jovens irmãos, discípulos dos profetas, acabaram de chegar, vindos dos montes de Efraim. Portanto, rogo-te, dê-lhes um talento, trinta e cinco quilos de prata, e duas vestes de gala!"

[23] Diante do que Naamã respondeu generosamente: "Aceita, pois, dois talentos!" Ele insistiu com Geazi para que aceitasse aquela oferta e colocou os setenta quilos de prata em duas sacolas, com as duas mudas de roupas finas, e entregou tudo a dois de seus servos, os quais foram à frente de Geazi, transportando as sacolas.

[24] Assim que Geazi chegou à colina onde Eliseu morava, tomou as sacolas das mãos dos servos de Naamã e as guardou em casa. Ordenou que os servos retornassem, e eles partiram.

[25] Em seguida entrou e apresentou-se ao seu senhor Eliseu. E este lhe indagou: "De onde vens, Geazi?" Ao que ele replicou: "Teu servo não foi à parte alguma!"

[26] No entanto Eliseu lhe afirmou: "Porventura não fui contigo em espírito,

nje uNdikhoyo, ndiza kumsukela, ukuze ndibe nento endiyifumanayo kuye!"

[21]Waxhabasha ke uGehazi emva koNahaman. Uthe uNahaman akumbona ebaleka esiza ngakuye, suka wehla enqwelweni yakhe wamhlangabeza. Wabuza wathi: "Ngaba akukho nto yonakeleyo na kodwa?"

[22]UGehazi uphendule wathi: "Hayi, akukho monakalo. Nto nje inkosi yam indithumile isithi: 'Kukho bafana babini beqela labashumayeli abakhov' ukufika, bephuma kweleentaba lakwaEfrayim. Ngoko ke nceda ubaphe amawaka amathathu esiliva nezambatho ezibini zokutshintsha.' "

[23]UNahaman waphendula esithi: "Ewe, kukuwe; ungawafumana amawaka amathandathu esiliva." Wacenga ke esithi uGehazi makawamkele, waza ke loo siliva wayifaka kwiingxowa ezimbini, wamnika nezo zambatho zibini zokutshintsha. Ke uNahaman loo mthwalo wawunikela kwizicaka ezibini, zamandulela uGehazi ziwuphethe.

[24]Akufika endulini uGehazi wawuthatha loo mthwalo apho kwizicaka, waya kuwubeka endlwini. Ke zona izicaka ezo wazindulula zemka.

[25]Kamva ke wangena waya kwinkosi yakhe uElisha. UElisha wabuza ke wathi: "Uvela phi na, Gehazi?" UGehazi waphendula wathi: "Hayi, nkosi yam, isicaka esi sakho asiveli ndawo!"

[26]Waza ke uElisha wathi kuye: "Andithi na kaloku umoya wam ubukunye nawe okuya

quando aquele homem voltou do seu carro ao teu encontro? Certamente este não era o momento para receberes prata e roupa, tampouco para cobiçares olivais, vinhas, ovelhas, bois, servos e servas!

laa ndoda ibisihla enqwelweni ikuhlangabeza? Uthi ngaba eli lixesha lokwamkela imali, okanye impahla, izinquma, izidiliya, imihlambi yeegusha neyeenkomo, okanye izicaka ezibhinqileyo nezingamadoda?

27 Por esse motivo a lepra, a enfermidade que assolava a pele de Naamã, atingirá a tua pessoa e todos os teus descendentes para sempre!" E assim Geazi saiu da presença de Eliseu já leproso, e seu corpo parecia coberto de neve.

27Ngoko ke iqhenqa likaNahaman liya kuthi nca kuwe nakwisizukulwana sakho naphakade." Ewe, uGehazi wathi esimka apho kuElisha wayeseleneqhenqa, emhlophe qhwa oku kwephepha!

2 Reis 6

Eliseu faz flutuar o ferro de um machado

1 Em outra ocasião, os discípulos dos profetas sugeriram a Eliseu: "Como vês, o lugar em que moramos, perto de ti, tornou-se pequeno demais para nós.

2 Vamos até o Jordão e ali cada um de nós cortará um tronco a fim de podermos construir ali mesmo um local para reuniões". E Eliseu aquiesceu dizendo: "Ide!"

3 Então um deles o convidou: "Queiras vir com teus servos!" E ele respondeu: "Irei!"

4 Assim foi com eles. Chegando ao Jordão, puseram-se a derrubar árvores.

5 Entretanto, quando um deles estava cortando um tronco, o ferro do machado caiu nas águas do rio. E ele imediatamente gritou: "Ah! Meu senhor! Este machado fora tomado de empréstimo".

6 Ao que o homem de Deus indagou: "Onde caiu o machado?" e, imediatamente, outro servo lhe apontou o lugar. Então Eliseu cortou um galho e o jogou na direção

2 Yookumkani 6

Izembe liyadada

1Iqumrhu labashumayeli lathetha noElisha lathi: "Le ndawo sihlala kuyo kunye nawe incinci gqitha, ayisilingani.

2Masiye eJordan, ibe ngulowo nalowo azigawulele isibonda, ukuze sizakhele indawo yokuhlala khona." Ke uElisha wavuma, wathi: "Yiyani."

3Omnye wabashumayeli wathi: "Awungehambi nazo na izicaka zakho, nkosi yam?" UElisha wathi: "Nam ndiyaya."

4Waza wahamba nabo. Baya ke eJordan, baza bagawula imithi khona.

5Omnye wabo uthe esagawula umthi, suka lapoqa izembe lakhe, le ndawo iyintsimbi yatshona emanzini. Wakhala watsho ebhekisa kuElisha: "Awu, ibingelilo nelam, belibolekiwe!"

6Wabuza wathi umfo wakwaThixo: "Liwe phi?" Akuba ebonisiwe ke uElisha wagawula ukhuni, waza waluphosa kuloo

indicada, fazendo o ferro do machado subir a tona e flutuar sobre as águas.

[7] Então disse ao servo: "Pega-o!" Ele estendeu o braço e tomou o machado nas mãos.

Eliseu adivinha os conselhos do rei da Síria

[8] Ora, o rei de Aram, da Síria, estava em guerra contra Israel. Depois de reunir-se com os seus conselheiros, decidiu: "Em tal lugar erguerei meu acampamento!"

[9] Mas o homem de Deus mandou comunicar ao rei de Israel: "Muito cuidado com esse tal lugar, pois os sírios estão se deslocando para lá!"

[10] Então o rei de Israel enviou suas tropas ao local que o homem de Deus lhe havia orientado; e assim se protegeu. Esses avisos não ocorreram uma só vez, nem duas.

[11] O coração do rei de Aram ficou muito perturbado com isso e mandou chamar seus servos e lhes interrogou: "Não me podereis descobrir quem, afinal, é que está nos traindo a favor do rei de Israel?"

[12] Um dos seus servos ponderou: "Ó rei, meu senhor, não é isso que se passa! O profeta Eliseu, que está em terras israelitas, conta ao rei de Israel tudo quanto dizes no secreto dos teus aposentos!"

[13] Diante do que o rei determinou: "Ide e vede onde ele se encontra; vou mandar trazê-lo. Então lhe informaram: "O profeta está em Dotan!"

ndawo lalitshone kuyo izembe. Ke izembe elo latsho lavela ladada.

[7]Wathetha wathi: "Likhuphe." Waza ke umnini walo wasolula isandla, walirhola.

Ukumfanyekiswa kwama-Aram

[8]Ke kaloku kwakungekho mvano phakathi kokumkani wakwa-AramnowakwaSirayeli. Wasuka ke wathetha-thethana namaphakathi akhe ukumkani wakwa-Aram, wathi: "Imikhosi yam ndoyimisa endaweni ethile."

[9]Umfo wakwaThixo wathumela isilumkiso kukumkani wakwaSirayeli, esithi: "Musa ukudlula kwelo cala, kuba ama-Aram ehlela ngakhona."

[10]Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wayijonga loo ndawo yayikhonjwa ngumfo wakwaThixo. Kwaba kaninzi uElisha elumkisa ukumkani, waza ke wahlala eyilumkele loo migibe.

[11]Le nto ke yamcaphukisa ukumkani wakwa-Aram, waza wabiza amaphakathi akhe, wathi: "Apha phakathi kwethu ngubani ongakumaSirayeli?"

[12]Elinye ke laphendula lathi: "Mhlekazi, akukho mntu ungakumaSirayeli apha kuthi; into ekhoyo kukuba uElisha, umshumayeli wakwaSirayeli, wazi namazwi owathethe egumbini lakho lokulala, aze kananjalo awaxelele ukumkani wakwaSirayeli."

[13]Ukumkani wakwa-Aram ke wathi: "Hambani niye kumjonga apho akhoyo, ukuze ndithumele amadoda aye kumbamba." Ke ilizwi labuya lisithi: "Nanko eDotan."

[14] Ele mandou cavalos, carros e um grande exército para lá, os quais vieram de noite e sitiaram a cidade.

[15] No dia seguinte, Eliseu levantou-se ao romper da aurora e saiu. E eis que um batalhão cercava toda a cidade com cavalos e carros de guerra. Seu servo lhe indagou: “Ai, meu senhor, o que haveremos de fazer?”

[16] E o profeta acalmou-o dizendo: “Não tenhas medo! Porquanto são mais numerosos os que estão conosco que os que estão com eles”.

[17] Em seguida Eliseu orou suplicando: “Ó Yahweh, abre os olhos dele a fim de que consiga ver!” E o SENHOR fez com que o moço pudesse enxergar a montanha coberta de cavalos e carros de fogo em torno de Eliseu.

[18] E quando os sírios desciam contra ele, Eliseu orou assim a Yahweh: “Rogo-te que firas estes homens de cegueira!” E, naquele momento, o SENHOR fez com que todos os soldados arameus ficassem completamente cegos, conforme o pedido de Eliseu.

[19] Então Eliseu lhes deu uma palavra de orientação: “Não é este o caminho, nem é esta a cidade que procurais! Segui-me, que vos conduzirei ao homem que buscais”. Mas ele os conduziu a Samaria.

[20] Ao entrarem em Samaria, Eliseu orou: “Yahweh, abre os olhos dessa gente, para que vejam!” E o SENHOR abriu-lhes os olhos, e eles observaram que estavam dentro da cidade de Samaria.

[14]Waza ke wathumela amahashe neenqwelo nomkhosi owomeleleyo. Bafika ngobusuku, basingqinga isixeko eso.

[15]Sithe ke sakuvuka isicaka somfo wakwaThixo, ekuseni ngentsasa elandelayo, sabona kuthe thinte umkhosi, ingamahashe neenqwelo, isixeko usingqingile. Isicaka sathi kuye: “Yaz'ba siya kuthini na, nkosi yam?”

[16]Ke yena umshumayeli wathi: “Hayi, musa ukoyika! Aba bangakuthi baninzi kunabo bangakubo.”

[17]UElisha wathandaza wathi: “Ndikhoyo, khawuwavule amehlo akhe, ukuze abone.” UNdikhoyo ke wawavula amehlo esicaka eso, saza sathi sakukhangela sabona intaba inyakazela ngamahashe neenqwelo zomlilo, ziphahle uElisha.

[18]Luthe xa luhlayo utshaba olo lusiza ngakuElisha, suka yena wathandaza kuNdikhoyo wathi: “Khawubethe aba bantu ngobumfama.” UNdikhoyo ke wabatsho baziimfama ngokwesicelo sikaElisha.

[19]UElisha wathi kubo: “Ayisiso esi sixeko nisifunayo esi, ingeyiyo nendlela eya kuso le! Landelani mna, ndinise kuloo mntu nimfunayo.” Waza ke wabakhokelela eSamariya.

[20]Bathe ke bakungena esixekweni, uElisha wathi: “Ndikhoyo, wavule amehlo aba bantu, babone.” Wawavula ke uNdikhoyo amehlo abo, bazibona ke ukuba baphakathi eSamariya.

[21] Assim que o rei de Israel os viu, consultou a Eliseu: “Devo matá-los, meu Aba? Devo liquidá-los, meu mestre?”

[21]Akubabona ukumkani wakwaSirayeli, wabuza kuElisha wathi: “Ndingabinza na, bawo? Uthini, uthi mandibabulale?”

[22] Ao que lhe respondeu o profeta: “Não! Porventura costumas tirar a vida daqueles que tua espada e o teu arco fizeram prisioneiros?” Dá-lhes pão e água, para que se alimentem, saciem-se e depois voltem para o seu senhor”.

[22]Waphendula wathi uElisha: “Hayi, sukubabulala! Kaloku ukuba ububathimbe ngekrele nesaphetha ngewungababulali. Banike ukutya namanzi, batye basele, bagoduke baye enkosini yabo.”

[23] O rei mandou que lhes fosse servido um grande banquete; depois de terem comido e bebido até se fartarem, despediu-os e eles retornaram para o seu senhor. E por causa disso, as tropas da Síria desistiram por algum tempo de tentar invadir o território de Israel.

[23]Ngoko ke wabenzela isidlo esikhulu ukumkani, baza ke bathi bakugqiba ukutya nokusela wabandulula, babuyela enkosini yabo. Loo maqela ama-Aram ke atsho ayeka ukuhlasela ummandla wakwaSirayeli.

Samaria é cercada

Ukungqingwa kweSamariya

[24] Depois disso, Bem-Hadade, rei de Aram, Síria, convocou todo o seu exército para atacar e sitiar Shomron, Samaria.

[24]Mzuzwana emva koko uBhenadadi ukumkani wakwa-Aramwawuhlanganisa umkhosi wakhe uphela, waza waya kungqinga iSamariya.

[25] Houve grande fome em Samaria, porque o cerco foi mantido até que grande fome se espalhou por toda a cidade, a ponto de uma cabeça de jumento custar o equivalente a oitenta peças de prata, e uma caneca de esterco de pomba, cinco peças de prata.

[25]Kwabakho indlala enkulu apho eSamariya. Ixesha lokunqingwa kwaso laba lide ngangokuba intloko yedonki yayithengiswa ngeesiliva ezimashumi asibhozo, ke wona amakhulu amabini eegram zobulongwe behobe bezithengiswa ngeesiliva ezintlanu.

[26] Quando o rei de Israel ia passando pela muralha, uma mulher lhe gritou: “Socorre-me, senhor meu rei!”

[26]Ukumkani wakwaSirayeli wathi egqitha ehamba eludongeni kwabakho umfazi okhalayo esithi: “Nceda, nceda, nkosi yam kumkani!”

[27] Diante do que respondeu ele: “Se o SENHOR não te socorrer, quem sou eu para te ajudar? Acaso há trigo na eira ou vinho no tanque de prensar uvas?”

[27]Ukumkani waphendula wathi: “Xa ungenakuncedwa nguNdikhoyo, uthi mna mandiluthathe phi uncedo? Esandeni okanye kwisixovulelo sewayini?”

[28] Mesmo assim, o rei lhe indagou: “Que te aconteceu?” E ela explicou: “Esta mulher me disse: ‘Entrega teu filho, para que o comamos hoje, que amanhã comeremos o meu filho!’
[29] Então cozinhamos o meu filho e o comemos; no dia seguinte eu lhe disse: ‘Agora, pois, dá o teu filho para que o comamos’, mas ela escondeu o seu filho!”

[30] Assim que o rei ouviu o que aquela mulher disse, rasgou as vestes enquanto caminhava pelo muro; e o povo viu que o rei vestia pano de saco por baixo, sobre a pele.

[31] Então disse o rei: “Que Deus me castigue com todo o rigor se a cabeça de Elishá ben Shafat, Eliseu filho de Safate, lhe ficar sobre os ombros até o final deste dia!”
[32] Eliseu estava sentado em sua casa e os anciãos sentados com ele; o rei fez-se preceder por um mensageiro. Mas antes que este chegasse até ele, Eliseu declarou àquelas autoridades: “Vistes como esse filho de assassino mandou-me cortar a cabeça! Ficai, pois, atentos! Assim que o mensageiro chegar, fechai a porta e empurrai-o, deixando-o para fora e a porta trancada. Porventura ele não será imediatamente seguido pelos passos do seu senhor?
[33] Quando Eliseu ainda estava falando com eles, o mensageiro chegou e declarou: “Isto é um castigo que vem de Yahweh; que razão teria ainda para ter esperança no SENHOR?”

2 Reis 7

Eliseu prediz a abundância de víveres

[1] Eliseu respondeu: “Escuta a Palavra de Yahweh! Assim diz o SENHOR: ‘Amanhã,

[28]Waza wambuza wathi: “Ingxaki yakho yintoni?” Umfazi lowo waphendula wathi: “Lo mfazi uthe mandincame unyana wam simtye, ukuze ngemini elandelayo sitye owakhe unyana.
[29]Ngoko ke sampheka unyana wam, samtya. Ngomhla olandelayo ke, ndithe ndakuthi kuye makeze nonyana wakhe simtye, suka wamfihla.”
[30]Akuyiva loo mbali ukumkani wasuka wazikrazula izambatho zakhe. Bathi bakumjonga abantu ehamba apho eludongeni, bafumanisa ukuba emzimbeni unxibe ezirhwexayo.
[31]Wathi: “UThixo makandohlwaye nokuba kuqatha kangakanani na ukuba ndithe namhlanje ndayiyeka ihleli kuye intloko kaElisha unyana kaShafati!”

[32]Ke uElisha wayesendlwini yakhe, ehleli namadoda amakhulu. Ukumkani wathumela isigidimi, kodwa sathi singekafiki uElisha wathetha namadoda amakhulu lawo, wathi: “Kanti aniboni, naso esi sigwinta sithumela umntu ukuba andinqumle intloko! Niyabona ke, ze nithi sakufika eso sigidimi niluvale ucango, niluqinise, singabi nako ukungena. Kaloku izingqi zenkosi yaso nazo emva kwaso.”

[33]Esathetha nawo njalo, sagaleleka isigidimi. Ke ukumkani wathi: “Le ntlekele ivela kuNdikhoyo. Ngani ke ukuba ndibe salindela uNdikhoyo?”

2 Yookumkani 7

[1]UElisha waphendula wathi: “Phulaphula, nali ilizwi likaNdikhoyo! UNdikhoyo utsho

por essas horas, na entrada de Samaria, tanto uma medida de farinha como duas medidas de cevada serão vendidas por uma peça de prata'".

2 O escudeiro em cujo braço do rei se apoiava respondeu ao homem de Deus: "Ainda que o SENHOR mandasse abrir as comportas do céu, será que essa profecia poderia se tornar realidade?" Entretanto, Eliseu advertiu: "Tu o verás com teus próprios olhos, contudo dessa fartura não comerás!"

3 À porta da cidade estavam quatro leprosos, os quais disseram entre si: "Por que ficarmos aqui à espera da morte?

4 Se resolvermos entrar na cidade, morreremos lá, porque a fome reina lá dentro; se ficarmos aqui, morreremos da mesma forma. Vamo-nos, pois, e passemos para o acampamento dos arameus a fim de nos rendermos; se nos deixarem viver, viveremos, e se nos matarem, morreremos!"

5 Assim que a noite caiu, eles se dirigiram ao acampamento dos arameus. Quando chegaram às proximidades do acampamento, observaram que não havia ninguém ali,

6 pois o SENHOR tinha feito os arameus ouvirem o ruído de um grande exército com cavalos e carros de guerra, de modo que comentaram uns com os outros: "O rei de Israel deve ter contratado os reis dos hititas e dos egípcios para marcharem contra nós!"

ukuthi: 'Malunga neli xesha ngomso iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa kananjalo neekhilogram ezintandathu zerhasi apha eSamariya zobe zithengiswa ngesiliva enye kuphela.' "

2Ke iphakathi awayethembele ngalo ukumkani lathi apha kumfo wakwaThixo: "Unotshe! Soze yenzeke into enjalo, nditsho nokuba uNdikhoyo ebenokwenza iifestile ezulwini." UElisha waphendula wathi: "Le nto ndiyithethayo uza kuyibona ngala wakho amehlo, kambe kona ukutya soze ukufake kuloo mlomo wakho!"

Ukumka komkhosi wakwa-Aram

3Ke kaloku esangweni lesixeko phaya kwakukho amadoda amane awayeneqhenqa. Athetha-thethana athi: "Ngani ukuba sihlale apha side sife?

4Ukuba sithi: 'Masingene esixekweni,' yindlala yodwa khona, siya kufa. Noba singade sihlale apha, siza kufa. Ngoko ke masiwelele kwikampu yama-Aram, sizinikele kuwo. Ukuba asisindisile, sophila ke; ukuba kanti athe asibulala, sifile ke."

5Ngongcwalazi avuka aya ekampini yama-Aram. Athe esondela emacaleni ekampu yama-Aram lawo, kwaye kungabonakali nomntu lo.

6Kaloku uNdikhoyo ama-Aram lawo wawenza eva isandi seenqwelo namahashe, kwaba ngathi kuza umkhosi omkhulu. Ngoko ke athetha-thethana athi: "Niyabona ukumkani wakwaSirayeli uqeshe ookumkani bamaHiti nookumkani baseJiputa ukuze basihlasele."

[7] Sendo assim, a fim de salvarem as próprias vidas, os sírios fugiram ao anoitecer, abandonando todos os seus pertences: tendas, cavalos, jumentos e deixando o acampamento como estava.

[8] Aqueles leprosos, portanto, chegaram às imediações do acampamento e entraram numa tenda; depois de terem comido e bebido, levaram de lá prata, ouro e vestes, que foram em seguida esconder. Retornaram mais tarde e entraram em outra barraca e tiraram de lá os despojos e igualmente os esconderam.

[9] Então disseram depois entre si: "Não está certo o que estamos fazendo! Hoje é um dia de boas novas e nós estamos calados! Se esperarmos até raiar o dia de amanhã, com certeza algum castigo nos sobrevirá. Vamos, pois, levemos essa grande notícia ao palácio do rei!"

[10] Partiram, chamaram os guardas da porta da cidade e lhes anunciaram: "Fomos ao acampamento dos arameus, sírios, mas não vimos nem ouvimos voz de pessoa alguma lá! Apenas encontramos os cavalos e os jumentos atados, e as tendas abandonadas.

[11] Então os sentinelas da porta gritaram e transmitiram as informações para o interior do palácio do rei.

[12] O rei levantou-se durante a noite e, acordando seus conselheiros, lhes comunicou: "Vou explicar-vos o que os arameus nos fizeram. Sabendo que estamos sofrendo fome, retiraram-se do acampamento para se esconderem no

[7]Ngoko ke ama-Aram lawo asuka abaleka ngongcwalazi, ashiya konke: iintente, namahashe, needonki zawo. Ikampu yawo leyo ayishiya injalo, asindisa ubomi bawo kuphela.

[8]Loo madoda ayeneqhenqa ke afika emacaleni ekampu leyo, aza angena kwenye yeentente ezo. Hayi ke, azenzela atya, asela, ade aziphathela isiliva, igolide, nempahla yokunxiba, emka nazo, aya kuzifihla. Aphindela abuyela kwenye intente, nalapho azithathela izinto, aya kuzifihla nazo.

[9]Asuka athi enye kwenye: "Asilungisi xa sisenjenje. Le yimini yeendaba ezimnandi, ibe ke thina naku sizigcine kuthi. Ukuba siyalinda kukhanye siya kufikelwa sisohlwayo. Ngoko ke masihambe kwangoku, siye kuxela ezi ndaba komkhulu."

[10]Ahamba ke, afika abiza abalindi bamasango, abaxelela athi: "Besiye phaya kwikampu yamaSiriya, saza safika kungekho nalo mnye umntu khona. Hayi, akukho nesandi esi somntu khona! Into ekhoyo ngamahashe, needonki ezibotshelelweyo. Iintente zisenjengoko bezinjalo nazo."

[11]Abalindi-masango ke nabo bakhwaza babhengeza iindaba ezo apho komkhulu.

[12]Ukumkani wavuka ebusuku njalo, wathetha namaphakathi akhe, wathi: "Nantsi into asenze yona ama-Aram. Ayazi ukuba siyalamba, ngoko ke ayishiyile ikampu yawo, aya kuzimela emaphandleni, esithi: 'Xa bephuma esixekweni siya

campo, imaginando consigo: 'certamente eles sairão da cidade, nós os apanharemos vivos e entraremos na cidade!'"

13 Diante disso, um dos oficiais sugeriu: "Tomem-se alguns guerreiros e cinco dos cavalos sobreviventes que ainda estão entre nós. O destino desses homens será o mesmo de todos os israelitas que permanecerem conosco, exatamente como toda essa multidão condenada. Por essa razão, nós os mandaremos investigar o que aconteceu e veremos o que mais sucederá!"

14 Assim, tomaram dois carros de guerra com seus cavalos e o rei os enviou atrás do exército dos arameus, ordenando aos condutores: "Ide e vede tudo quanto se passou!"

15 Eles seguiram as pegadas do exército sírio até o Jordão e encontraram todo o caminho cheio de roupas e armas que os arameus haviam largado para trás enquanto tratavam de fugir desesperadamente. Os mensageiros voltaram e relataram tudo ao rei.

16 Então o povo saiu e saqueou o acampamento dos arameus; e aconteceu que o preço de uma medida de farinha caiu para o equivalente a uma peça de prata, assim como duas medidas de cevada passaram a custar também uma peça de prata, exatamente como o SENHOR havia dito.

17 Ora, o rei tinha destacado como sentinela na porta, o escudeiro em cujo braço ele se apoiara; no entanto, o povo ao sair em disparada o pisoteou lá na porta e ele morreu, conforme o homem de Deus havia predito quando o rei foi a sua casa.

kubabamba bephila, size ke sisifikele isixeko.' "

13Elinye iphakathi lathi: "Masikhuphe amadoda athile, athathe amahashe amahlanu kwaseleyo apha esixekweni. Isiphelo sawo sofana nawo onke amaSirayeli, la asele apha esixekweni. Ewe, nawo oba selelindelwe kukufa njengawo onke amaSirayeli. Ngoko ke masiwathume ukuba aye kuqonda ukuba kuhle ntoni na."

14Ngoko ke bakhetha iinqwelo ezimbini namahashe azo, waza ukumkani wazithumela ekhondweni lomkhosi wama-Aram, esithi: "Hambani niye kuqonda ukuba kuhle ntoni na."

15Awalandela ke ada aya kufika eJordan. Yonke ke loo ndlela ayifumana ineempahla nezixhobo zama-Aram, zifane zathi saa, oko bezishiywe ngama-Aram xa abalekayo. Zajika ke ezo zigidimi, zaya kuxelela ukumkani.

16Baphuma ke abantu, bafika bazenzela kuloo kampu yama-Aram. Ngokomlomo kaNdikhoyo ke iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa ngokunjalo nesithandathu seekhilogram zerhasi zathengiswa ngesiliva enye kuphela.

17Ke ukumkani wamisa elaa phakathi wayethembele ngalo, lajongana nesango. Kambe ke abantu balixovula ngenyawo apho esangweni, laza lafa ngokomlomo womfo wakwaThixo, xa wayethetha

[18] Aconteceu tudo conforme o homem de Deus havia profetizado diante do rei: “Amanhã, por volta desta hora, na porta de Samaria, tanto uma medida de farinha como duas medidas de cevada poderão ser compradas por apenas uma peça de prata!”

[19] O oficial tinha contestado Eliseu dizendo: “Ainda que o próprio Yahweh abrisse as janelas do céu, poderia tal predição se cumprir?” E o homem de Deus respondeu: “Tu o verás com os teus próprios olhos, contudo de nada comerás!”

[20] E assim aconteceu; pois o povo o atropelou junto à porta da cidade, e ele morreu ali mesmo.

2 Reis 8

A sunamita volta para a sua terra

[1] Eliseu havia prevenido a mãe do menino cujo filho ele ressuscitara: “Levanta-te, parte com a tua família e vai morar onde puderes, no exterior, poisYahweh determinou para esta terra um tempo de fome que durará sete anos!”

[2] A mulher seguiu a orientação do homem de Deus, partiu com sua família e passou sete anos na terra dos filisteus.

[3] Ao cabo de sete anos, ela retornou da terra dos filisteus e foi fazer um apelo ao rei, por sua casa e seu terreno.

nokumkani ngokuya wayeze endlwini yakhe.

[18]Kwenzeke kanye ngokokuthetha komfo wakwaThixo xa wayethetha nokumkani esithi: “Malunga neli xesha ngomso esangweni leSamariya iikhilogram ezintathu zomgubo wengqolowa noba ziikhilogram ezintandathu zerhasi zothengiswa ngesiliva enye kuphela.”

[19]Iphakathi elo ke lalithe apho kuloo mfo wakwaThixo: “Noba uNdikhoyo ebengade enze iifestile ezulwini ibingenakuze yenzeke into enjalo.” Umfo wakwaThixo yena wayethe: “Le nto ndiyithethayo ke uya kuyibona ngala wakho amehlo, kambe ke kona ukutya soze ukufake kuloo mlomo wakho.”

[20]Loo nto ke yile kanye yalihlelayo elo phakathi; kaloku abantu balinyhasha ngeenyawo esangweni apho lada lafa.

2 Yookumkani 8

Ukubuya komfazi waseShunem

[1]Ke kaloku uElisha wayethethe nalaa mfazi wayephilise unyana wakhe, wathi: “Khawuhambe uye kuzifunela indawo yokuhlala noba kuphi na apho ungayizuza khona, ze ukhe uthi chu khona okwexeshana, kuba uNdikhoyo umisele imbalela eya kuthatha iminyaka esixhenxe kulo mhlaba.”

[2]Umfazi lowo ke wenza njengoko wayeyalelwe ngumfo wakwaThixo. Wemka nosapho lwakhe, waya kuhlala kwelamaFilistiya loo minyaka isixhenxe.

[3]Emva kwaloo minyaka isixhenxe wabuya ke kwelamaFilistiya, waza waya kucela

indlu nentsimi yakhe kukumkani kwelo lakowabo.

[4] Ora, o rei estava conversando com Geazi, servo do homem de Deus, e disse: “Conta-me todas os prodígios realizados por Eliseu”.

[4]Ke ukumkani wathetha noGehazi ihlakani lomfo wakwaThixo, wathi: “Khawundixelele ngayo yonke imisebenzi emikhulu eyênziwa nguElisha.”

[5] Enquanto Geazi estava justamente contando ao rei como Eliseu havia ressuscitado o menino, a própria mãe chegou para apresentar sua petição ao rei a fim de retomar a posse de sua casa e propriedade. Então Geazi exclamou: “Senhor, meu rei, aí está a mulher e aí está seu filho que Eliseu ressuscitou!”

[5]Uthe ke uGehazi esachubela ukumkani indlela uElisha awayebaphilisa ngayo nabafileyo, suka umfazi lowo waphiliselwa unyana wakhe nguElisha, wangena, eze kucela indlu nentsimi yakhe kukumkani kwelo lakowabo. UGehazi ke wathi: “Tyhini, nanku loo mfazi, mhlekazi kumkani! Naloo nyana wakhe wavuswa efile nguElisha, nguye lo.”

[6] O rei pediu que ela contasse o ocorrido, e ela confirmou todos os fatos. Então o rei mandou que um eunuco a acompanhasse e ordenou a este: “Que lhe seja restituído tudo o que lhe pertence e todos os rendimentos do terreno, desde o dia em que deixou a terra até agora”.

[6]Ukumkani ke walanda loo ngcombolo apho kuye, waza ke wamchazela. Ngoko ke ukumkani wamnikezela kwesinye isicaka, wathi kuso: “Nika lo mfazi yonke into eyeyakhe, ndawonye nengeniso yomhlaba wakhe ukusukela kumhla walishiya eli lizwe kude kube namhlanje.”

Hazael mata a Ben-Hadade

[7] Certa ocasião, Eliseu foi a Damasco. Ben-Hadade, rei da Síria, estava doente. Quando disseram ao rei: “O homem de Deus está na cidade”.

[8] Então o rei ordenou a Hazael: “Toma contigo um presente, vai ao encontro do homem de Deus e consulta o SENHOR por meio dele, para saber se ficarei curado desta enfermidade”.

[9] Hazael partiu ao encontro de Eliseu e levou como presente tudo o que havia de melhor em Damasco, uma carga de quarenta camelos. Veio, pois à presença dele e disse-lhe: “Teu filho Ben-Hadade, rei da Síria,

UHazayeli ubulala uBhenadadi

[7]UElisha ke waya eDamasko, wafika uBhenadadi ukumkani wakwa-Aram egula. Uthe ke ukumkani lowo akuva kusithiwa: “Umfo wakwaThixo nanko efika apho,”

[8]wathetha noHazayeli wathi: “Thatha isipho, uhambe uhlangabeze lo mfo wakwaThixo, uze ubuzise ngaye kuNdikhoyo ukuba ngaba ndiza kuphila na.”

[9]UHazayeli ke wahamba, waya kuhlangabeza uElisha, emphathele zonke iindidi zemveliso yaseDamasko, zingumthwalo okwiinkamela ezimashumi mane. Waya kuma phambi kwakhe, wathi:

enviou-me para perguntar se ele vai recuperar-se da doença que o aflige”.

“Unyana wakho uBhenadadi ukumkani wakwa-Aram undithume ukuba ndize kubuza ukuba ngaba wophila na kwisifo esimbambileyo!”

[10] Eliseu lhe respondeu: “Vai e diz-lhe: ‘Certamente tu sararás.’ Porém Yahweh também revelou-me que de fato ele morrerá!”

[10]UElisha uphendule wathi: “Yiya kumxelela ukuba nakanjani na uza kuphila. Ewe kambe, uNdikhoyo undityhilele ukuba uza kufa.”

[11] E Eliseu ficou olhando fixamente para Hazael até deixá-lo constrangido. Em seguida o homem de Deus começou a chorar.

[11]Wathi ntsho ngamehlo, wada ke uHazayeli waziva eneentloni. Umfo wakwaThixo ke wathi chapha-chapha iinyembezi.

[12] Então lhe questionou Hazael: “Por que meu senhor está chorando?” Eliseu respondeu: “Porque sei de todo o mal que farás aos israelitas: incendiarás suas fortalezas, passarás ao fio da espada seus jovens, despedaçarás as suas crianças e rasgarás o ventre das mulheres grávidas!”

[12]“Ngani ukuba ulile, nkosi yam?” ubuzile uHazayeli. “Ndililiswa kukuqonda umonakalo oya kuwenza kumaSirayeli,” uphendule watsho uElisha. “Ewe, wena uya kuzitshisa iinqaba zawo, abafana ubangenele ngekrele, uze abantwana ubaqhumze emhlabeni, ke bona abafazi abakhulelweyo ubagrabhuze.”

[13] Ao que contestou Hazael: “Quem é o teu servo, que é apenas um cão, para fazer algo tão poderoso?” Eliseu respondeu: “Yahweh mostrou-me que tu serás rei da Síria”.

[13]UHazayeli uphendule wathi: “Kuxa ndingubani, ndiyinja nje, ukuba ndide ndenze into enjalo?” UElisha waphendula wathi: “UNdikhoyo undityhilele ukuba wena uza kuba ngukumkani wakwa-Aram.”

[14] Então Hazael se despediu de Eliseu e voltou ao seu senhor, o qual lhe indagou: “O que Eliseu te declarou?” Ele respondeu: “Disse-me que certamente te recuperarás”.

[14]UHazayeli wamshiya uElisha, wagoduka waya enkosini yakhe. Akubuza ke uBhenadadi ukuba uthini na uElisha, uHazayeli wathi: “Uthi uza kuphila.”

[15] No dia seguinte, entretanto, Hazael pegou um cobertor, molhou-o bastante e com ele sufocou o rei, até matá-lo. E assim Hazael tornou-se rei da Síria.

[15]Kambe ke ngemini elandelayo uHazayeli wathatha ilaphu, walifaka emanzini, waza wafuthanisela ukumkani lowo wada wafa. Akuba efile ke, uHazayeli waba ngukumkani endaweni yakhe.

O reinado de Jeorão

UYehoram ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 21:1-20)

[16] No quinto ano de Jorão, filho de Acabe, rei de Israel, sendo ainda Josafá rei de Judá, Jeorão, seu filho, começou a reinar em Judá.

[17] Ele tinha trinta e dois anos de idade quando começou a reinar, e reinou oito anos em Jerusalém.

[18] Andou nos caminhos dos reis de Israel, como a família de Acabe havia procedido, porquanto havia se casado com a filha de Acabe; e praticou o mal e o reprovável aos olhos do SENHOR.

[19] Contudo, o SENHOR não quis destruir Judá, por causa de Davi, seu servo, porque havia prometido a ele que manteria para sempre uma chama acessa entre seus descendentes.

[20] Durante seu reinado, os edomitas se rebelaram contra o domínio de Judá e proclamaram um rei para si.

[21] Por esse motivo, Jeorão atravessou Zair com todos os seus carros de batalha. Lá os guerreiros de Edom cercaram Jeorão e os comandantes dos seus carros de guerra, mas ele os atacou durante a noite e rompeu o cerco inimigo, e seu exército conseguiu bater em retirada para suas tendas.

[22] Até esses dias Edom continua independente de Judá. Nessa mesma época, a cidade de Libna também proclamou sua independência.

[23] Os demais atos de Jeorão, e toda a história que se passou, estão escritos no livro das crônicas de Judá.

[16]Ke kaloku ngonyaka wesihlanu uYoram unyana ka-Ahabhi engukumkani wakwaSirayeli, uYehoram unyana kaYoshafati ukumkani wakwaSirayeli waqalisa ukulawula kwaJuda.

[17]Wayeneminyaka emashumi mathathu anambini ukuqala kwakhe ukulawula, waza ke walawula eJerusalem iminyaka yasibhozo.

[18]Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wenza njengendlu ka-Ahabhi. Kaloku wayethathe intombi yakhe. Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

[19]Kambe ke, ngenxa yesicaka sakhe uDavide, uNdikhoyo akamtshabalalisanga uJuda. Kaloku wayemthembise ngelithi womnika isibane ngoonyana bakhe yonke imihla.

[20]Ke ngexesha likaYehoram iEdom yamvukela uJuda, yazimisela owayo ukumkani.

[21]Ngoko ke uYehoram waya eZayira nazo zonke iinqwelo zakhe. Ke amaEdom amrhawula kunye nezo njengele zeenqwelo, kambe ke yena wavuka ngobusuku, waphuncuka. Ke wona umkhosi wakhe wabaleka wagoduka.

[22]Unanamhlanje ke iEdom isavukelene noJuda. NeLibhena ke yenza uvukelo kwangelo xesha.

[23]Ezinye zeziganeko zolawulo lukaYehoram, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

[24] Jeorão repousou com seus pais e foi sepultado junto a eles na cidade de Davi. E seu filho Acazias reinou em seu lugar.

O reinado de Acazias

[25] No décimo segundo ano de Jorão, filho de Acabe, rei de Israel, Acazias, filho de Jeorão, começou a reinar em Judá.

[26] Acazias tinha vinte e dois anos de idade quando começou a reinar, e reinou um ano em Jerusalém. O nome de sua mãe era Atalia, neta de Onri, rei de Israel.

[27] Ele andou nos caminhos da família de Acabe e também fez o que é pecado aos olhos de Deus, o SENHOR, porquanto casou-se com uma mulher da família de Acabe.

[28] Acazias aliou-se a Jorão, filho de Acabe, e partiu para Ramote-Gileade, guerrear contra Hazael, rei da Síria; e os sírios feriram Jorão.

[29] O rei Jorão retornou a Jezrrel para tratar dos seus ferimentos sofridos em Ramote, quando lutou contra Hazael, rei da Síria. Acazias, rei de Judá, foi a Jezreel visitar Jorão, que se recuperava de seus ferimentos.

2 Reis 9

Jeú é ungido rei de Israel e mata a Jorão e a Jezabel

[1] Depois o profeta Eliseu convocou um dos seguidores dos profetas e lhe ordenou:

[24]UYehoram ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide. UAhaziya unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe wangukumkani.

UAhaziya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 22:1-6)

[25]Ngonyaka weshumi elinambini elawula uYoram unyana ka-Ahabhi ukumkani wakwaSirayeli, uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani wakwaJuda waqalisa ukulawula kwaJuda.

[26]Waqalisa ukulawula xa aneminyaka emashumi mabini anambini, waza walawula eJerusalem unyaka wamnye. Unina yayinguAtaliya umzukulwana kaOmri ukumkani wakwaSirayeli.

[27]Wahamba ekhondweni lendlu ka-Ahabhi, wenza okubi emehlweni kaNdikhoyo. Kaloku wayengumkhwenyana kwindlu ka-Ahabhi.

[28]UAhaziya wadibana noYoram unyana ka-Ahabhi, baza balwa noHazayeli ukumkani wakwa-Aram eRamoti yaseGiliyadi. Ama-Aram lawo ke amngxwelerha uYoram,

[29]waza ke yena waya eYizereli, ukuze ade achache kuloo manxeba wayewafumene kuma-Aram eRama kwelo dabi labo noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. Ke uAhaziya unyana kakumkani uYehoram wakwaJuda wehla waya eYizereli, esiya kubona uYoram unyana ka-Ahabhi njengoko wayenzakele.

2 Yookumkani 9

Ukuthanjiswa kukaYehu

[1] Umshumayeli uElisha wabiza omnye weqela labashumayeli, wathi kuye:

"Veste tua capa, pega este vaso de azeite e vai a Ramote-Gileade.

[2] Quando chegares lá, procura Iehú ben Iehoshafat, Jeú filho de Josafá, neto de Ninsi. Dirija-se a ele e chame-o para uma conversa reservada, em uma sala longe de seus companheiros.

[3] Depois pegue o frasco, e derrame o óleo sobre a cabeça dele e declare: 'Assim diz Yahweh: Eu te unjo rei sobre Israel!' Em seguida abre a porta e foge sem demora!"

[4] Então o jovem profeta aprontou-se e dirigiu-se a Ramote-Gileade.

[5] Ao chegar, encontrou os comandantes do exército reunidos e disse: "Comandante, tenho algo para te dizer!" Jeú perguntou: "A qual de nós?" Ele respondeu: "A ti, comandante!"

[6] Então Jeú se levantou e entrou na casa, e o jovem ungiu-lhe a cabeça e lhe declarou: "Assim fala Yahweh, Deus de Israel. Eu te ungi como rei sobre o povo do SENHOR, sobre Israel.

[7] Eliminarás a família de teu senhor Acabe, para que Eu vingue o sangue de meus servos, os profetas, e o sangue de todos os servos do SENHOR da mão de Jezabel.

"Finyeza iingubo zakho, uthathe eli qhaga linamafutha omnquma, uye eRamoti yaseGiliyadi.

[2]Wakufika khona uze ukhangele uYehu unyana kaYoshafati unyana kaNimshi. Uze umthathe umke naye koogxa bakhe, ningene kwelona gumbi likude ngaphakathi.

[3]Nakuba nilapho ke uze uthathe eli qhaga lamafutha omnquma, umthambise umgalele ngawo entloko, uthi: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndiyakuthambisa ukuze ube ngukumkani wakwaSirayeli.' Wakugqiba ke, vula umnyango, ubaleke umke ngokukhawuleza."

[4]Ngoko ke loo mfana ungumshumayeli waya eRamoti yaseGiliyadi.

[5]Efikile ke khona wafumana iingqwayi-ngqwayi zomkhosi zihleli ndawonye. Wathi: "Ndinomyalezo wakho, njengele!" UYehu wabuza wathi: "Uxela bani kanye?" Ke yena waphendula wathi: "Nditsho wena, njengele."

[6]UYehu waphakama, wangena endlwini. Ke yena umshumayeli lowo wathatha iqhaga elo, wagalela uYehu ngamafutha entloko, wathi: "Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: 'Ndiyakuthambisa ukuba ube ngukumkani wosapho lukaNdikhoyo, uSirayeli.

[7]Uyabona ke, uze uyitshabalalise indlu ka-Ahabhi, inkosi yakho; mna ke ndiya kuliphindezela igazi lezicaka zam abashumayeli, ndawonye nalo lonke igazi lezicaka zikaNdikhoyo elaphalazwa nguJezebhele.

[8] Pois toda a família de Acabe morrerá; exterminarei todos os homens, desde os meninos, da família de Acabe em Israel, seja escravo, seja livre.
[9] Porquanto tratarei a família de Acabe como tratei a de Jeroboão, filho de Nebate, e a de Baasa, filho de Aías.

[10] Os cães devorarão Jezabel no campo de Jezreel; não sobrará ninguém para enterrá-la!" Dita essas palavras o jovem abriu a porta e fugiu.

[11] Então Jeú retornou para junto dos demais oficiais de seu senhor, e um deles lhe indagou: "Está tudo bem? O que esse tresloucado queria de ti? E ele lhes respondeu: "Bem conheceis o homem e o que ele falou!"

[12] Contudo, insistiram: "Não é verdade! Explica-nos tudo quanto ele declarou a ti!" Então Jeú contou: "Ele me disse exatamente isso: 'Assim diz Yahweh, o SENHOR: Eu te ungi rei sobre Israel!'

[13] Naquele mesmo instante, todos tomaram seus mantos e os estenderam sobre os degraus diante dele. Em seguida tocaram o Shofar, a trombeta, e exclamaram: "Eis que Jeú é o rei!"

[14] Assim Jeú, filho de Josafá e neto de Ninsi, começou uma conspiração contra o rei Jorão. Isso aconteceu quando Jorão havia cercado Ramote-Gileade com todo o Israel, por causa de Hazael, rei da Síria.

[8]Xa iyonke indlu ka-Ahabhi iya kutshabalala. Ndiza kuyinqamla kwa-Ahabhi yonke into eliduna, nditsho ophezulu nophantsi kwaSirayeli.
[9]Indlu ka-Ahabhi ndoyifanisa nendlu kaJerobhowam unyana kaNebhati, ibe njengendlu kaBhayesha unyana ka-Ahiya.
[10]Ke yena uJezebhele uya kudliwa zizinja kweso siqithi somhlaba siseYizereli, kungabikho namntu uya kumngcwaba.' " Waza ke wavula umnyango, waphuma wabaleka.
[11]Akuba ke uYehu ebuyele kwiingqwayi-ngqwayi zenkosi yakhe, enye yazo yabuza yathi: "Ngaba zime kakuhle na zonke izinto? Belifuna ntoni eli geza apha kuwe?" UYehu waphendula ngelithi: "Hayi, niyamazi lo mfo nezinto adla ngokuzithetha!"
[12]Oogxa bakhe baphendula bathi: "Uyasiqhatha. Khawusixelele inyaniso; ubesithini?" UYehu wathi: "Hayi ke, nantsi into ayithethileyo: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndiyakuthambisa ukuze ube ngukumkani wakwaSirayeli.' "

[13]Bakhawuleza ke bathatha iingubo zabo, bazandlala phantsi kwakhe apho esitupini. Baza bakhalisa isigodlo, bakhwaza bathi: "UYehu ngukumkani!"

UYehu ubulala uYoram

[14]Ke uYehu unyana kaYoshafati unyana kaNimshi wenzela uYoram iyelenqe. UYoram naye wonke uSirayeli babehlanganisela iRamoti yaseGiliyadi eyayihlaselwa nguHazayeli ukumkani wama-Aram,

[15] O rei Jorão tinha retornado a Jezreel para tratar dos ferimentos que os sírios lhe fizeram quando lutou contra Hazael, rei da Síria. Então Jeú fez a seguinte proposta: “Se estais de acordo, não deixe que ninguém fuja da cidade para levar a notícia a Jezreel!”

[15]kodwa ke uYoram wabuyela eYizereli, ukuze ade achache kuloo manxeba wayewafumene kuma-Aram kwelo dabi labo noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. UYehu wathi: “Ukuba siyavana sukuvumela mntu aphume apha esixekweni aye kuxela iindaba eYizereli.”

[16] Em seguida, Jeú subiu em seu carro e partiu para Jezreel, porque Jorão estava lá se recuperando dos ferimentos; e Acazias, rei de Judá, tinha ido visitá-lo.

[16]Wangena enqwelweni yakhe ke, waya eYizereli, kuba uYoram wayelele khona. Ke naye uAhaziya ukumkani wakwaJuda wayeye kumbona.

[17] O sentinela que estava na torre de Jezreel viu a tropa de Jeú se aproximando e bradou: “Vejo uma tropa!” Jorão ordenou: “Toma um cavaleiro e envia-o ao encontro dela para inquirir: ‘Vens em paz?’.

[17]Ke umlindi owayemi emboniselweni eYizereli, akubona uYehu esiza nomkhosi, wakhwaza wathi: “Nanko umkhosi usiza!” UYoram wathi: “Thumela umntu ngehashe aye kuwuhlangabeza, abuze athi: ‘Niza ngoxolo na?’ ”

[18] O cavaleiro partiu ao encontro da tropa e transmitiu-lhe a mensagem: ‘Assim indaga o rei: Vens em paz?’ Ao que Jeú respondeu: “Quem és tu para falar de paz? Sai da minha frente! Então o sentinela relatou: “Eis que o mensageiro chegou a eles, mas não está regressando.”

[18]Waphuma loo mfo ngehashe, waya kuhlangabeza uYehu, wabuza wathi: “Ukumkani uthi mandibuze ukuba ngaba niza ngoxolo na.” UYehu waphendula wathi: “Uza kwenza ntoni ngoxolo? Tshona ngasemva kwam!” Umlindi waxela wathi: “Isigidimi sihambe saya kufika, kodwa ke asibuyi.”

[19] Imediatamente Jorão mandou outro cavaleiro; quando chegou à tropa exclamou: “O rei pergunta: ‘Vens em paz?’” Respondeu Jeú: “Quem és tu para falar de paz? Passe agora mesmo para trás de mim!”

[19]Ke ukumkani wathumela esinye isigidimi kwangehashe. Sithe ke sakufika kubo sathi: “Ukumkani uthi mandibuze ukuba ngaba niza ngoxolo na.” UYehu waphendula wathi: “Uza kwenza ntoni ngoxolo? Tshona ngasemva kwam!”

[20] E o sentinela avisou: “Eis que este também chegou à tropa, mas não está voltando”. E acrescentou: “A maneira de conduzir o carro é de Jeú, filho de Ninsi, porquanto dirige furiosamente como um insensato”.

[20]Umlindi ubuye waxela wathi: “Isigidimi sihambe saya kufika, kodwa asibuyi. Ke ukuqhuba ngathi kukuqhuba kukaYehu unyana kaNimshi, ngokuba uqhuba oku kwephambana.”

[21] Então Jorão ordenou: "Preparai meu carro de guerra!" E imediatamente o carro foi aparelhado e Jorão, o rei de Israel e Acazias, rei de Judá, partiram, cada qual com seu carro, ao encontro de Jeú, e o interceptaram nas terras que haviam pertencido a Nabote, de Jezreel.

[22] Assim que pôs os olhos em Jeú, Jorão indagou: "Vens em paz, Jeú?" E ele redarguiu: "Como podes falar de paz enquanto perduram as idolatrias e feitiçarias da tua mãe Jezabel?"

[23] Assim que ouviu essas palavras Jorão virou-se e fugiu, exclamando a Acazias: "Isso é traição, Acazias!"

[24] Mas Jeú já tinha retesado seu arco e atingiu Jorão entre as espáduas; a flecha atingiu o coração do rei, que tombou dentro do seu próprio carro.

[25] Jeú ordenou a Bidcar, seu oficial: "Toma o cadáver deste homem e atira-o sobre este terreno que fora propriedade de Nabote, de Jezreel. Porquanto, lembra-te de que indo eu e tu, juntos, a cavalo, seguindo Acabe, seu pai, o SENHOR pronunciou contra ele esta sentença:

[26] 'Tão certo como vi ontem à tarde o sangue de Nabote e o sangue de seus filhos, diz Yahweh, o SENHOR, assim retribuirei neste campo, diz o SENHOR.' Agora, pois, pega-o e joga-o sobre este terreno, de acordo com a palavra de Yahweh!"

[27] À vista disto, Acazias, rei de Judá, fugiu pelo caminho de Bete-Hagã. Contudo, Jeú o

[21]UYoram wathi: "Bopha inqwelo yam." Ibotshiwe ke inqwelo yakhe yokulwa, baza ukumkani wakwaSirayeli uYoram nokumkani wakwaJuda uAhaziya bakhwela ezinqwelweni zabo, bahlangabeza uYehu. Bahlangana naye kuloo ntsimi yayiyekaNabhoti umYizereli.

[22]UYoram, akumbona uYehu, wabuza wathi: "Yehu, ngaba uza ngoxolo na?" UYehu waphendula wathi: "Lungavela phi uxolo xa unyoko uJezebhele esaqhuba inkonzo yezithixo nobu bugqwirha bakhe?"

[23]Ke uYoram wajika wabaleka ekhwaza uAhaziya esithi: "Liyelenqe, Ahaziya!"

[24]UYehu warhola utolo lwakhe, wajolisa kuYoram, wamchana phakathi kwamagxa, utolo olo ke lwaya kuthi xhokro entliziyweni, watsho wawa apho enqwelweni.

[25]UYehu wathetha noBhidekare umqhubi wenqwelo yakhe, wathi: "Mchole umphose kulaa ntsimi yayiyekaNabhoti umYizereli. Khumbula ngokuya mna nawe sasisenqwelweni emva koyise uAhabhi, ngokuya uNdikhoyo wathethayo wathi:

[26]'Izolo ndilibonile igazi likaNabhoti ndawonye negazi loonyana bakhe, utsho uNdikhoyo, ndaye ke ndiza kukwenza ulihlawule kuyo yona le ntsimi, lowo ngumlomo kaNdikhoyo.' Ngoko ke mchole umphose kuloo ntsimi ngokokutsho kukaNdikhoyo."

Ukufa kuka-Ahaziya

[27]Akuyibona loo nto yenzekileyo uAhaziya ukumkani wakwaJuda, wenyuka ngendlela

perseguiu, gritando: "Matai-o também!" E feriram-no dentro do seu próprio carro, na subida de Gur, que fica nas proximidades de Ibleã, mas Acazias ainda teve forças para refugiar-se em Megido, onde morreu.

28 Seus oficiais o levaram a Jerusalém e o sepultaram com seus antepassados em seu túmulo, na Cidade de Davi.

29 Acazias havia se tornado rei de Judá no décimo primeiro ano de Jorão, filho de Acabe.

30 Em seguida Jeú partiu para Jezreel. Assim que Jezabel tomou conhecimento disso, pintou os olhos, fez um penteado e ficou observando de uma janela do palácio.
31 Quando Jeú passava pelo portão, ela gritou: "Está em paz, Zinri, assassino do seu próprio senhor?"
32 Ele ergueu os olhos em direção à janela e bradou: "Quem dentre vós está do meu lado? Há alguém?" Dois ou três eunucos se inclinaram para ele.
33 Então ordenou ele: "Lançai-a abaixo!" E eles, imediatamente, a atiraram para baixo; seu sangue salpicou a parede e os cavalos, que a pisotearam.
34 A seguir, entrou Jeú e, depois de ter comido e bebido, ordenou: "Ide ver aquela maldita e dai-lhe sepultura, pois é filha de rei".

35 Quando chegaram para sepultá-la, só encontraram o crânio, os pés e as mãos.

36 Voltaram para contar isso a Jeú, que declarou: "Esta é a palavra que Yahweh

eya eBhete-hagan. UYehu wamsukelisa, ekhwaza esithi: "Bulala!" Baza ke bamngxwelerha apho enqwelweni yakhe endleleni eya eGure ngaseIbheyam. Kambe ke waphuncula, waya kufela eMegido.
28Amaphakathi akhe amthatha ngenqwelo, amsa eJerusalem, aza amngcwaba phakathi kooyise kwingcwaba elikwisixeko sikaDavide.
29UAhaziya lo waqala ukuba ngukumkani wakwaJuda kunyaka weshumi elinanye elawula uYoram unyana ka-Ahabhi.

Ukufa kukaJezebhele

30UYehu waya eYizereli. Akuyiva loo nto ke uJezebhele wahombisa amehlo akhe, walungisa neenwele zakhe, waza wakroba ngefestile.
31Xa angena esangweni uYehu, uJezebhele wabuza wathi: "Zimri, ngaba uza ngoxolo kodwa, ntondini egebenge inkosi yayo?"
32Wajonga efestileni ephakamileyo leyo uYehu, wathi: "Ngubani ongakum? Ngubani?" Izicaka ezibini okanye ezithathu zajonga kuye ezantsi,
33uYehu wathi: "Mphoseni apha!" Zaza ke zamphosa uJezebhele, igazi lakhe lachaphazela olo donga ndawonye naloo mahashe, waza wamnyathelisa ngawo.
34Ke uYehu wangena endlwini, wafika watya wasela, waza wathi: "Nosenimjonga laa mfazi uqalekisiweyo, nize nimngcwabe, kuba kaloku yintombi yokumkani."
35Bathe ke xa baya kumngcwaba, bafumana kuphela ukhakhayi lwakhe, neenyawo nezandla.
36Babuyela kuYehu bamxelela, waza wathi: "Oku kukuzaliseka kwelizwi elathethwa

falou por meio do seu servo Elias, o tesbita: 'No campo de Jezreel, os cães devorarão a carne de Jezabel;

[37] e os seus restos mortais serão espalhados em um terreno em Jezreel, como esterco no campo, de modo que ninguém será capaz de identificar: 'Esta é Jezabel'".

2 Reis 10

Jeú extermina a casa de Acabe

[1] Acabe tinha setenta descendentes morando em Samaria. Jeú escreveu uma carta e a mandou aos chefes de Jezreel, às autoridades e aos tutores dos descendentes de Acabe. E a carta dizia:

[2] "Vós que tendes sob vossa tutoria os descendentes do vosso rei, e que possuís carros de guerra e cavalos, uma cidade fortificada e armas, assim que receberdes esta carta,

[3] escolhei o melhor e mais capaz dos descendentes de seu pai e defendei a dinastia de vosso rei!"

[4] Eles, no entanto, sentiram grande medo e comentaram: "Se dois reis não puderam resistir-lhe, como o poderíamos nós?"

[5] E o prefeito do palácio, o governador da cidade, as autoridades e os tutores enviaram esta mensagem a Jeú: "Somos teus servos, faremos tudo o que ordenares, não escolheremos rei algum; faze o que te agradar".

[6] Jeú escreveu-lhes depois uma segunda carta, em que dizia: "Se estais do meu lado e quereis ouvir-me, tomai os cabeças dos

nguNdikhoyo ngesicaka sakhe uEliya waseTishbhi esithi: 'UJezebhele uya kudliwa zizinja entsimini yaseYizereli.

[37]Umzimba kaJezebhele uya kuba yinkunkuma entsimini eseYizereli, kungabi sathiwa: Lo nguJezebhele.' "

2 Yookumkani 10

Ukubulawa kwendlu ka-Ahabhi

[1]Ke kaloku eSamariya kwakukho amashumi asixhenxe oonyana bendlu ka-Ahabhi. Ke uYehu wabhala iileta, wazithumela eSamariya kumaphakathi aseYizereli, nakumadoda amakhulu, nakubagcini babantwana baka-Ahabhi. Zazisithi:

[2]"Ngoku ke, xa ifikileyo kuni le ncwadi, bekuni nje oonyana benkosi yenu, zikuni nje iinqwelo zokulwa, namahashe, nesixeko esinqatyisiweyo, nezixhobo,

[3]khethani oyena ufanelekileyo nongenakukhalazelwa koonyana benkosi yenu, nimbeke esihlalweni sikayise, nize niyilwele indlu yenkosi yenu ke."

[4]Kambe ke basuka bangcangcazela kukoyika, besithi: "Xa oyise ookumkani ababini, sobeka phi ke thina?"

[5]Ngoko ke umlawuli wakomkhulu, nonolali wesixeko, amadoda amakhulu nabagcini, bathumela lo myalezo kuYehu: "Sizizicaka zakho; sizimisele ukwenza ukuthanda kwakho; asizimiselanga kumisa mntu abe ngukumkani. Nawe ke ungenza ngendlela obona ngayo."

[6]Wababhalela eyesibini incwadi uYehu, esithi: "Kaloku xa ningakum, nizimisele ukundithobela, banqumleni iintloko

homens da família de vosso senhor e vinde ter comigo amanhã a esta hora em Jezreel". Ora, os setenta descendentes de Acabe estavam sendo criados pelas autoridades da cidade.

7 Logo que a carta lhes chegou às mãos, pegaram os filhos do rei, degolaram todos os setenta e, pondo suas cabeças em cestos, enviaram-nas para Jezreel.

8 Veio um mensageiro e deu a notícia a Jeú: "Trouxeram as cabeças dos filhos do rei!" Ao que ele respondeu: "Colocai-as em dois montes à entrada da porta, até a manhã seguinte!"

9 Na manhã seguinte Jeú saiu e declarou diante de todo o povo: "Vós sois inocentes, eu conspirei contra o meu senhor e o matei; mas quem degolou a todos estes?

10 Sabei, portanto, agora que nada deixará de se cumprir da palavra do SENHOR proferida contra a família de Acabe, porque o SENHOR tem cumprido o que anunciou por meio de seu servo Elias.

11 Em seguida, Jeú exterminou todos os que restavam da família de Acabe em Jezreel, como também todos os seus aliados, nobres e sacerdotes, sem permitir que ninguém escapasse.

12 Mais tarde Jeú partiu para Samaria e, no caminho, em Bete-Equede dos Pastores,

13 encontrou alguns parentes de Acazias, rei de Judá, e indagou: "Quem sois?" Eles responderam: "Somos parentes de Acazias e

oonyana benkosi yenu, nize nazo, sibonane eYizereli ngomso ngeli xesha." Amatshawe lawo ke ayengamashumi asixhenxe ekumadoda aziinkokheli zesixeko awayewakhulisa.

7Ithe ke yakufika loo leta amadoda lawo awathatha onke loo matshawe angamashumi asixhenxe awabulala. Iintloko zawo azifaka ezibhaskitini, azithumela kuYehu eYizereli.

8Isigidimi eso ke safika samxelela uYehu sathi: "Nazi, bazizisile iintloko zamatshawe." UYehu wayalela wathi: "Zibekeni zibe ziinqumba ezimbini phaya esangweni lesixeko kude kube ngomso kusasa."

9Ngentsasa elandelayo ke uYehu waphuma, wema phambi kwabo bonke abantu, wathi: "Aninatyala; ndim lo oyenzele iyelenqe inkosi yenu, ndayibulala; kambe ke, ngubani lo ubulele aba?

[28] Ele errou fazendo o que Yahweh não aprova. Não se desviou dos pecados que Jeroboão, filho de Nebate, induzira Israel a praticar.

[28]Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo; zange ashenxe kwizono zikaJerobhowam unyana kaNebhati, ezo wawalukuhlela kuzo amaSirayeli.

[29] Nos dias de Peca, rei de Israel, veio Tiglate-Pileser, rei da Assíria, invadiu e tomou as terras de Ion, Abel-Bete-Maaca, Janoa, Quedes, Hazor, Gileade e Galileia, toda a terra de Naftali, e levou os seus habitantes para a Assíria a fim de servi-lo.

[29]Ngexesha likaPeka, ukumkani wakwaSirayeli, ukumkani waseAsiriya uTigelate-pilezere weza wafika wathimba i-Iyon, iAbhele-bhete-mahaka, iYanowa, iKedeshe, neHazore. Wayithimba neGiliyadi ndawonye neGalili (lonke elikaNafetali), waza abemi wabafudusela eAsiriya.

[30] Oseias, filho de Elá, conspirou contra Peca, filho de Remalias, e o feriu, e o matou, e reinou em seu lugar, no vigésimo ano de Jotão, filho de Uzias.

[30]Ke uHosheya unyana kaEla wamenzela iyelenqe uPeka unyana kaRemaliya. Suka wamhlasela wambulala, waza wangukumkani esikhundleni sakhe xa uYotam unyana kaUziya wayekunyaka wamashumi amabini elawula kwaJuda.

[31] As demais realizações de Peca e tudo quanto empreendeu estão escritos no Livro das Crônicas dos Reis de Israel.

[31]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaPeka, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli.

Jotão, rei de Judá

UYotam ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 27:1-9)

[32] No ano segundo de Peca, filho de Remalias, rei de Israel, começou a reinar Jotão, filho de Uzias, rei de Judá.

[32]Ngonyaka wesibini kaPeka unyana kaRemaliya ukumkani wakwaSirayeli, uYotam unyana kaUziya wakwaJuda waqalisa ukulawula.

[33] Tinha vinte e cinco anos de idade quando começou a reinar e governou durante dezesseis anos em Jerusalém. Era o nome de sua mãe Jerusa, filha de Zadoque.

[33]Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinesithandathu. Unina yayinguJerusha intombi kaZadoki.

[34] Fez o que era reto perante Yahweh, o SENHOR; e em tudo procedeu de acordo com o que fizera Uzias, seu pai.

[34]Naye njengoyise u-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

[35] Entretanto, os altares idólatras não foram derrubados; o povo continuou a adorar e oferecer sacrifícios pagãos e a queimar incenso nesses locais. Todavia, Jotão reconstruiu a Porta Superior da Casa de Yahweh, o SENHOR.

[35]Kambe ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zibhangiswe, abantu baqhubela phambili besenza amadini neziqhumiso apho kuzo. UYotam wabuya walakha iSango laseNtla lendlu kaNdikhoyo.

[36] Quanto aos mais atos de Jotão e a tudo quanto realizou, porventura, não estão registrados por escrito no Livro da História dos Reis de Judá?

[36]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYotam, nayo yonke imisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

[37] Naquela época, começou o SENHOR a enviar contra Judá a Rezim, rei da Síria, e a Paca, filho de Remalias.

[37]Ngaloo mihla uNdikhoyo waxhokonxa uRezin ukumkani waseSiriya, ndawonye noPeka unyana kaRemaliya, baza bahlasela uJuda.

[38] Repousou Jotão com seus antepassados e foi sepultado junto a seus pais, na Cidade de Davi, seu predecessor. Em seu lugar passou a reinar Acaz, seu filho.

[38]UYotam ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide uyise. Ke uAhazi unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

2 Reis 16

Acaz, rei de Judá

[1] No décimo sétimo ano de Peca, filho de Remalias, começou a reinar Acaz, filho de Jotão, rei de Judá.

[2] Acaz tinha vinte anos de idade quando começou a reinar e governou dezesseis anos em Jerusalém. Não fez o que é agradável aos olhos de Yahweh, seu Deus, como havia feito Davi, seu antepassado.

2 Yookumkani 16

UAhazi ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 28:1-27)

[1]Ke kaloku kwathi ngonyaka weshumi elinesixhenxe elawula uPeka unyana kaRemaliya kwaSirayeli, uAhazi unyana kaYotam ukumkani wakwaJuda waqalisa ukulawula kwelakwaJuda.

[2]UAhazi wayeneminyaka emashumi mabini ukungena kwakhe embusweni, waza ke walawula iminyaka elishumi elinesithandathu eJerusalem. Yena akalithathanga ikhondo likayise-mkhulu uDavide; ewe, akazange enze okuhle emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

[3] Imitou a conduta de alguns reis de Israel, e chegou a fazer passar seu próprio filho pelo fogo, seguindo as tradições e costumes das nações pagãs que Yahweh havia expulsado de diante dos filhos de Israel.

[3]Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wada wenza isikizi lokufaka unyana wakhe emlilweni, esenza idini ngaye, siko elo lalisenziwa ziintlanga awazigxothayo uNdikhoyo ekungeneni kwamaSirayeli.

[4] Ofereceu sacrifícios e incenso nos lugares altos, nas colinas e debaixo de toda árvore verdejante.

[4]Wayesenza amadini neziqhumiso ezindaweni zonke zonqulo ezindulini naphantsi kwemithi yonke efukufuku.

[5] Então, subiu Rezim, rei da Síria, com Peca, filho de Remalias, rei de Israel, a Jerusalém para pelejarem contra ela; cercaram Acaz, porém não puderam prevalecer contra ele.

[5]Ke uRezin, ukumkani wakwa-Aram, kunye noPeka, unyana kaRemaliya, ukumkani wakwaSirayeli, basuka bahlasela iJerusalem, bayingqinga nakuba bengayoyisanga.

[6] Na mesma época, Rezim, rei da Síria, restituiu Elate à Síria e lançou fora dela os judeus; os edomitas mudaram-se para Elate, onde habitam até os nossos dias.

[6]Ngelo thuba ke ukumkani uRezin wakwa-Aram wayibuyisela kwa-Aram iElati, wabagxotha kuyo abantu bakwaJuda. Aza ke angena ema khona amaSiriya unanamhla.

[7] Acaz enviou mensageiros a Tiglate-Pileser da Assíria, clamando: “Eu sou teu servo e teu filho; sobe e livra-me do poder do rei da Síria e do poder do rei de Israel, que se levantaram contra mim!”

[7]UAhazi ke wathumela izigidimi kuTigelate-pilezere, ukumkani waseAsiriya, esithi kuye: “Mna ndisisicaka nebamba lakho; ngoko ke nceda uze kundihlangula, naku ndihlaselwa ngukumkani wakwa-Aram ekunye nowakwaSirayeli.”

[8] Tomou Acaz a prata e o ouro que se acharam no templo de Yahweh e nos tesouros da casa do rei e mandou de presente ao rei da Assíria.

[8]Kananjalo ke uAhazi wayithatha isiliva kunye negolide ezazisendlwini kaNdikhoyo nakoovimba bakomkhulu, wazithumela zasisipho arhuma ngaso kukumkani waseAsiriya.

[9] O rei da Assíria atendeu seu pedido, subiu contra Damasco e apoderou-se dela; deportou seus habitantes para Quir e mandou matar Rezim.

[9]Ukumkani waseAsiriya ke wasamkela eso sicelo, waza ke wahlasela iDamasko. Abemi bakhona wabafudusela eKiri, ke yena uRezin wambulala.

O altar de Damasco

[10] O rei Acaz foi para Damasco a fim de encontrar-se com Tiglate-Pileser, rei da

[10]Ukumkani uAhazi wahlangabeza ukumkani waseAsiriya uTigelate-pilezere

Assíria; e, observando ali um altar, mandou ao sacerdote Urias um modelo do altar, com informações detalhadas para a sua construção.

11 O sacerdote Urias construiu o altar, executando todas as instruções que o rei Acaz havia mandado de Damasco, antes que este chegasse de Damasco.

12 Quando o rei Acaz chegou de Damasco, viu o altar, aproximou-se e subiu a ele.

13 Fez queimar sobre o altar seu holocausto, ofertas de cereais e suas oblações,vinho e sangue de ofertas pacíficas.

14 O altar de bronze, que era dedicado exclusivamente a Yahweh, o SENHOR Deus, ficava entre o novo altar e o templo, e por isso Acaz o transferiu para o lado norte do seu novo altar.

15 Então o rei Acaz deu a Urias a seguinte ordem: “Queima, no meu grande altar, o holocausto da manhã, como também a oferta de cereais, e o holocausto do rei, e a sua oferta de manjares, e o holocausto de toda a nação, e a sua oferta de manjares, e as libações, todo sangue dos holocaustos e todo o sangue dos sacrifícios aspergirás sobre o altar; porém utilizarei o altar de bronze como oráculo para minhas adivinhações!”

16 E o sacerdote Urias fez tudo o que lhe ordenara o rei Acaz.

17 O rei Acaz mandou retirar os painéis laterais e arrancou as pias dos estrados

eDamasko. EDamasko ke apho wabona iqonga lamadini, waza wathumela kumbingeleli u-Uriya emnika iplani yalo neenkcukacha zokwakha elifana nalo.

11Umbingeleli u-Uriya ke wakha iqonga lamadini ngokwezo nkcukacha wayezithunyelelwe ngukumkani uAhazi eseDamasko. Iqonga elo waligqiba engekabuyi eDamasko ukumkani uAhazi.

12Ekubuyeni kwakhe ke, ukumkani walibona iqonga elo, waza wenza amadini kulo.

13Wenza amadini atshiswayo, iminikelo yeenkozo, kunye neminikelo ethululwayo, waza wafefa ngegazi elingumnikelo wakhe wobudlelwane kwalapho eqongeni.

14Ke lona iqonga lobhedu elalimi phambi koNdikhoyo walisusa phambi kwendlu kaThixo, apho lalikhona phakathi kweqonga elitsha nendlu kaNdikhoyo, walimisa ngasentla kweqonga elitsha.

15Ukumkani uAhazi wayalela umbingeleli u-Uriya wathi: “Kweli qonga litsha likhulu yenza amadini atshiswayo akusasa, namadini eenkozo asemalanga, amadini kakumkani atshiswayo, ndawonye namadini akhe eenkozo, kunye namadini atshiswayo abantu beli lizwe, ndawonye namadini abo eenkozo kunye nathululwayo. Apho eqongeni ke uze ufefe ngegazi lawo onke amadini atshiswayo. Ke lona iqonga lobhedu ndolisebenzisa xa ndifuna isikhokelo.”

16Ngenene ke u-Uriya wenza ngokomyalelo kakumkani uAhazi.

17Ukumkani uAhazi waziqhaqha iinqwelo zobhedu ezazilapho endlwini kaThixo,

móveis. Tirou o tanque de cima dos touros de bronze que o sustentavam e o depositou sobre uma base de pedra.

wazisusa nezitya zokuhlambela ezazikuzo. Walisusa ichibi lobhedu kwezo nkunzi zeenkomo zazilixhasile, walixhasa ngesiseko samatye.

[18] Por causa do rei da Assíria, também retirou a cobertura que se usava no dia do Shabbãth, o sábado, que fora edificada no templo, e suprimiu a entrada real do lado de fora da Casa de Yahweh, o SENHOR.

[18]Wasisusa isigqubuthelo esasakhelwe uMhla woPhumlo apho endlwini kaThixo, walisusa nesango elalilungiselelwe ukumkani apho endlwini kaNdikhoyo, izinto ezo awayezenza kuba ezama ukukholisa ukumkani waseAsiriya.

[19] Quanto aos mais atos de Acaz, tudo o que realizou, não está registrado por escrito no Livro da História dos Reis de Judá?

[19]Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Ahazi nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

[20] Descansou, pois, Acaz com seus pais e foi sepultado junto a seus pais, na Cidade de Davi; e Ezequias, seu filho, passou a reinar em seu lugar.

[20]UAhazi waya kuphumla kunye nooyise,waza wangcwatywa phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide. Esikhundleni sakhe ke kwangena unyana wakhe uHezekiya.

2 Reis 17

Oseias, rei de Israel

[1] No décimo segundo ano de Acaz, rei de Judá, Hoshêa ben Ela, Oseias, filho de Elá, começou a reinar sobre Israel, e reinou nove anos em Samaria.

[2] Ele praticou o que Yahweh, o SENHOR, reprova, mas não como os reis de Israel que o precederam.

[3] Salmaneser, rei da Assíria o atacou, por isso Oseias sujeitou-se a ele, tornando-se seu vassalo e lhe pagando impostos.

[4] Entretanto, o rei da Assíria descobriu que Oseias o traía: é que este havia mandado mensageiros a Sô, rei do Egito, e não pagava mais os tributos anualmente ao rei da Assíria, como fazia antes; então este o

2 Yookumkani 17

UHosheya ukumkani wokugqibela wakwaSirayeli

[1]Kwathi ngonyaka weshumi elinambini uAhazi engukumkani wakwaJuda wangena embusweni uHosheya, unyana kaEla, waba ngukumkani kwaSirayeli eSamariya. Walawula iminyaka elithoba.

[2]Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, kambe ke noko akafananga nookumkani bakwaSirayeli ababemandulele.

[3]Ke uShalmanesere ukumkani waseAsiriya wahlasela uHosheya owayekade ephantsi kwakhe emnika imirhumo.

[4]Ukumkani waseAsiriya wafumanisa ukuba uHosheya umgwilikele, kuba wayethumele oonozaku-zaku kukumkani waseJiputa onguSo, futhi ke engasayikhuphi imirhumo awayefudula eyikhupha minyaka le. Ngoko

deteve e o colocou em correntes em uma prisão.

5 Em seguida o rei da Assíria invadiu todo a nação, atacou Samaria e a sitiou por três anos.

6 No nono ano de Oseias, o rei da Assíria tomou completamente Samaria e levou Israel cativo para a Assíria. Ele os estabeleceu em Hala e junto a Habor, rio de Gozã, e nas cidades dos medos.

7 E isso ocorreu porque os israelitas tinham pecado contra Yahweh, seu Deus, que os fizera subir da terra do Egito, libertando-os da opressão do Faraó, rei do Egito, e porque haviam adorado outros deuses,

8 e seguiram as tradições e costumes das nações que o SENHOR tinha expulsado da presença dos filhos de Israel, e outras práticas pagãs que os próprios reis de Israel introduziram.

9 Os israelitas também agiram de forma pecaminosa, em secreto, contra Yahweh, o seu Deus. Em todas as suas cidades, desde as torres das sentinelas até as cidades fortificadas eles construíram altares idólatras.

10 Ergueram colunas sagradas e postes para adoração em todo monte alto e debaixo de toda a árvore frondosa.

11 Sacrificaram em todos os lugares altos, imitando as nações que o SENHOR havia expulsado de diante deles, e cometeram ações más provocando sobremodo a ira de Yahweh.

ke uShalmanesere wambamba wamvalela entolongweni uHosheya.

5Ewe, ukumkani waseAsiriya wahlasela elo lizwe liphela; ke yona iSamariya wayingqinga iminyaka emithathu.

6Kuthe ke kunyaka wethoba elawula uHosheya, suka ukumkani waseAsiriya wayoyisa iSamariya, waza amaSirayeli lawo wawafudusela eAsiriya. Wawahlalisa eHala nakwiGozan ephezu komlambo iHabhore, ngokunjalo nakwiidolophu zamaMedi.

Isizathu sokuthinjwa kukaSirayeli

7Le ntlekele ke yamhlela uSirayeli kuba emonile uNdikhoyo uThixo wakhe owaya kumkhuphulula wamkhulula eJiputa phantsi kwesandla esingqongqo sokumkani wakhona. Basuka banqula thixo bambi,

8balandela imikhwa yeentlanga awazigxothayo uNdikhoyo, waza wafaka amaSirayeli emhlabeni wazo. Kananjalo bangena kwimikhwa eyangeniswa ngookumkani bakwaSirayeli.

9AmaSirayeli anyebelezela enza izinto ezichaseneyo noNdikhoyo uThixo wawo, zinto ezo wayengazifuni. Azakhela iindawo zonqulo kuzo zonke iidolophu, ukusukela kwimboniselo yabalindi kuye kutsho kwizixeko ezinqatyisiweyo.

10Amisa iintsika zamatye kunye nemifanekiso ka-Ashera kuzo zonke iinduli naphantsi kwayo yonke imithi efukufuku.

11AmaSirayeli ayesenza iziqhumiso kuzo zonke iinduli zawo zonqulo, mkhwa lowo ke wawusenziwa ziintlanga awazigxothayo uNdikhoyo phambi kokuba afake amaSirayeli khona. Ewe, ayesenza izinto

12 Prestaram culto e adoração aos ídolos, embora Yahweh expressamente lhes houvesse dito: "Vós não procedereis desse modo!"

13 Mas o SENHOR advertiu Israel e Judá por meio da pregação de todos os profetas e videntes, ordenando: "Convertei-vos dos maus caminhos e guardai os meus mandamentos e os meus estatutos, conforme toda a Torá, a Lei, que ordenei a vossos antepassados e que vos enviei por meio da vida e do ministério de meus servos, os profetas!"

14 Porém eles não deram ouvidos; ao contrário, agiram com a mesma sórdida teimosia de seus antepassados, que não depositaram toda a confiança no SENHOR seu Deus;

15 desprezaram os seus decretos, a Aliança que o SENHOR havia estabelecido com seus pais e as suas advertências. Seguiram ídolos inúteis, tornando-se eles próprios absolutamente nulos, como todas as nações pagãs ao seu redor, apesar de Yahweh lhes ter ordenado que não se comportassem como elas.

16 Rejeitaram todos os mandamentos de Yahweh, o seu Deus, e edificaram para si dois ídolos de metal na forma de bezerros e um poste sagrado de Aserá. Inclinaram-se em adoração perante todos os exércitos celestiais e prestaram culto a Baal.

azichasileyo uNdikhoyo; ngaloo ndlela ke awuxhokonxa umsindo wakhe.

12Ewe, ayenqula izithixo, nangona uNdikhoyo wayethe: "Ze ningayenzi into enjalo."

13Kaloku uNdikhoyo wayemlumkisile uSirayeli ndawonye noJuda, ethetha nabo ngabashumayeli bakhe neemboni, esithi: "Buyani kwiindlela zenu ezikhohlakeleyo. Yithobeleni imithetho ndawonye nemimiselo yam. Ziphatheni ngokwezimiso zomthetho xa uwonke, ngokwelizwi endalimisela ooyihlo ndathi mabalithobele, ndabuya ndalithetha nakuni ngabashumayeli abazizicaka zam."

14Kambe ke amaSirayeli asuka akaphulaphula, koko ankaniza njengooyise ábâsuka àbakholosa ngoNdikhoyo uThixo wabo.

15Basuka bayibukula imimiselo kunye nomnqophiso awayewenze kunye nooyise, abazikhathalela nezilumkiso awabayala ngazo. AmaSirayeli asuka alandelana nemifanekiso ephuthileyo, aza kananjalo nawo aphutha. Asuka alinganisa iintlanga ezaziwangqongile, nangona uNdikhoyo wayewayalile wathi: "Ze ningayilandeli imikhwa yazo."

16Ayilahla yonke imithetho kaNdikhoyo uThixo wawo, aza azenzela imifanekiso etyhidiweyo yethole yamibini, aqingqa nomfanekiso ka-Ashera. Aguqa abusa kuzo zonke iinkwenkwezi, anqula noBhali.

[17] Fizeram passar pelo fogo seus próprios filhos e filhas, praticaram a adivinhação e a feitiçaria, e venderam-se para fazer o mal diante dos olhos do SENHOR, provocando sua ira.

[18] Então Yahweh irritou-se sobremaneira contra Israel e os expulsou de sua presença, restando apenas a tribo de Judá.

[19] Nem mesmo Judá havia preservado os mandamentos de Yahweh, seu Deus, mas seguiu os costumes pagãos que Israel vinha praticando.

[20] Por isso o SENHOR desprezou toda a linhagem de Israel e os oprimiu, entregando-os nas mãos dos invasores, até que os expulsou da sua presença.

[21] Ele, com efeito, havia separado Israel da Casa de Davi e Israel tinha proclamado Jeroboão, filho de Nebate, como rei; Jeroboão afastou Israel da devoção a Yahweh e os induziu a cometer grande pecado.

[22] Assim os israelitas, à semelhança de Jeroboão, praticaram todos os pecados possíveis e jamais se desviaram deles;

[23] até que Yahweh, o SENHOR, expulsou Israel de diante da sua face, como havia advertido por intermédio de todos os seus servos, os profetas. Sendo assim, Israel foi banido da sua própria terra para a Assíria, onde está até o dia de hoje.

O rei da Assíria leva para Samaria muitos estrangeiros

[17]AmaSirayeli afaka oonyana neentombi zawo emlilweni, esenza amadini ngabo. Ewe, angena kwimikhwa yokuvumisa, ahamba nakoosiyazi,azinikezela ekwenzeni okubi emehlweni kaNdikhoyo, emcaphukisa.

[18]Ngoko ke uNdikhoyo wakhathazeka gqitha, waza wawasusa amaSirayeli phambi kwakhe, akwasala namnye ngaphandle nje kwendlu kaJuda.

[19]Kanti nayo leyo ayiyithobelanga imithetho kaNdikhoyo uThixo wayo. Nabo bangena ekhondweni lemikhwa eyaqalwa nguSirayeli.

[20]Ngeso sizathu ke uNdikhoyo wawabukula amaSirayeli xa ewonke. Suka wawabandezela, wawayekela azizisulu zokuxhatshazwa. Ekugqibeleni ke wawasusa phambi kwakhe.

[21]UNdikhoyo wathi akumahlula uSirayeli kwindlu kaDavide, suka uSirayeli wathatha uJerobhowam unyana kaNebhati, wamenza ukumkani. UJerobhowam lowo ke wamwexula uSirayeli ekulandeleni uNdikhoyo, wamlukuhla, wamfaka kwisonokazi esikhulu.

[22]AmaSirayeli athi nca kwizono zikaJerobhowam, akavuma ukwahlukana nazo,

[23]wada ke uNdikhoyo wawagxotha ngokwesilumkiso awayesenze ngomlomo wezicaka zakhe abashumayeli. Ngoko ke amaSirayeli afuduswa kwelakowawo, agxothelwa eAsiriya, apho asekhona ke unanamhla.

Iintlanga eSamariya

[24] Depois desses acontecimentos, o rei da Assíria mandou buscar gente da Babilônia, Cuta, Ava, Hamate e Sefarvaim, e fez com que essas pessoas se estabelecessem nas cidades de Samaria, em lugar dos israelitas; e elas tomaram posse de Samaria e habitaram nas suas cidades.

[24]Ke kaloku ukumkani waseAsiriya waya kuthatha abantu eBhabheli, eKuta, eAva, eHamati, naseSefarvayim, waza wabahlalisa kwiidolophu zamaSirayeli eSamariya. ISamariya leyo ke bayithathela kubo, bahlala kwiidolophu zayo.

[25] Quando começaram a se instalar na terra, esses povos não cultuavam a Yahweh e este mandou contra eles leões, que estraçalharam vários deles.

[25]Ekungeneni kwabo khona zange bamnqule uNdikhoyo; ngoko ke wabathumela ngeengonyama ezababulalayo abanye abantu.

[26] Então clamaram ao rei da Assíria: "As gentes que transportaste e fizeste habitar nas cidades de Samaria não conhecem os rituais e a maneira de servir o deus da terra; por isso, enviou ele leões ferozes para atacá-las, os quais as matam.

[26]Bathetha nokumkani waseAsiriya, wafumana umyalezo othi: "Abantu owabafudusela kwiidolophu zaseSamariya abayazi indlela yokunqula uThixo wakhona. Ngoko ke ubathumelele iingonyama ezibabulalayo, kuba kaloku abo bantu abawazi amasiko awafunayo uThixo wakhona."

[27] Então o rei da Assíria mandou dizer: "Levai para Samaria um dos sacerdotes que de lá trouxestes; que ele volte, e lá habite, e lhes ensine a maneira de servir o deus da terra!"

[27]Ke ukumkani waseAsiriya wanika umyalelo othi: "Thathani omnye kubabingeleli enabathimba eSamariya, niye kumhlalisa khona, ukuze afundise abo bantu indlela anqulwa ngayo uThixo wakhona."

[28] Assim, partiu um dos sacerdotes que haviam sido exilados de Samaria, e veio morar em Betel e lhes ensinou como adorar e obedecer o SENHOR.

[28]Ngenene ke bathatha omnye kubabingeleli ababethinjwe eSamariya, baya kumhlalisa eBhetele, wabafundisa ke abo bantu indlela anqulwa ngayo uNdikhoyo.

[29] Contudo, cada nação edificou para si seus próprios deuses e os colocou nos templos dos montes que os samaritanos haviam construído, e assim procedeu cada povo, segundo sua cultura, nas cidades em que habitou.

[29]Naxa kunjalo kwezo dolophu uhlanga ngalunye kwezo dolophu zazikuzo ezo ntlanga lwazenzela oothixo balo, lwabamisa kwezo ndawo ziphakamileyo zonqulo zazenziwe ngabantu baseSamariya.

[30] Os babilônios ergueram uma estátua de Sucote-Benote; os de Cuta, cultuaram a imagem de Nergal; os de Hamate a Asima;

[30]Ababevela eBhabheli bazenzela uSukoti-bhenoti, ababevela eKuta bazenzela uNergale, ababevela eHamati bazenzela uAshima,

[31] os aveus levantaram Nibaz e Tartaque; e os sefarvitas chegaram a queimar seus próprios filhos em sacrifício a Adrameleque e a Anameleque, deuses de Sefarvaim.

[31]ama-Avi wona azenzela uNibhasi noTartake; ke wona amaSefarvayim ayefaka abantwana bawo emlilweni, esenzela oothixo bawo uAdrameleki noAnameleki amadini.

[32] Eles temiam a Yahweh, mas também nomeavam qualquer religioso que se prontificasse a lhes servir como sacerdote nos altares idólatras.

[32]Babemnqula yena uNdikhoyo, kodwa kananjalo bamisela abantu babo ukuze babe ngababingeleli kwiindawo zonqulo eziphakamileyo.

[33] Dessa forma, temiam o SENHOR mas também cultuavam seus próprios deuses, conforme o costume e as tradições pagãs das nações dentre as quais haviam sido levados cativos.

[33]Bamnqula uNdikhoyo, kodwa ngokunjalo babanqula noothixo babo, ngokwamasiko ezo ntlanga babephuma kuzo.

[34] Até os dias atuais esses povos praticam seus rituais conforme os costumes antigos: não honram nem obedecem a Yahweh; tampouco respeitam seus estatutos, decretos, juízos, ordenanças, nem se comprometem com sua Torá, Lei, e aos mandamentos que o SENHOR ordenou aos filhos de Jacó, a quem deu o nome de Israel,

[34]Unanamhla abakalumleki kuloo mikhwa yabo yemveli. UNdikhoyo abamnquli nokumnqula, bengabambeleli nakwizimiso nemiyalelo, imithetho nemiqathango, uNdikhoyo awayinikela isizukulwana sikaYakobi, lowo wambiza ngokuba nguSirayeli.

[35] com os quais Yahweh, o SENHOR, havia firmado uma Aliança e a quem havia expressamente ordenado: "Não temereis outros deuses, nem os adorareis, nem lhes prestareis culto, nem lhes oferecereis devoção e sacrifícios;

[35]Ngokuya uNdikhoyo wayesenza umnqophiso namaSirayeli wayalela wathi: "Ze ningabanquli abanye oothixo; ze ningaguqi nibakhahlele, ningabakhonzi, ningabenzeli namadini.

[36] mas temereis somente o SENHOR Deus, que vos libertou do Egito com grande poder e com braço forte, a ele adorareis e a ele oferecereis sacrifícios.

[36]Eniya kunqula yena nguNdikhoyo, yena wanikhululayo kwelaseJiputa ngaloo mandla obungangamsha bakhe angoyiswa nto. Nguye enifanele ukuguqa kuye, nimenzele amadini.

[37] Quanto aos estatutos e as normas, a Torá, a Lei, e os mandamentos que o SENHOR escreveu para vós, tereis zelo de obedecer a esses todos os dias de vossas vidas; e não temereis nem seguireis outros deuses;

[38] e não vos esquecereis da Aliança que estabeleci convosco. Não temereis outros deuses,

[39] mas confiareis e obedecereis somente a Yahweh, o SENHOR vosso Deus, e ele vos livrará do poder de todos os vossos inimigos.

[40] Contudo, o povo não deu ouvidos à Palavra; ao contrário, entregaram-se à prática de todos os costumes e rituais pagãos, conforme seu antigo costume.

[41] Assim, estas nações temiam o SENHOR, mas ao mesmo tempo idolatravam suas imagens esculpidas; seus filhos e seus descendentes agem até o dia de hoje exatamente como fizeram seus pais.

[37]Ze nizithobele ngenyameko izimiso nemiyalelo yakhe, imithetho nemiqathango awanibhalela yona. Ze ninganquli thixo bambi ngaphandle kwakhe.

[38]Umnqophiso endawenza kunye nani ze ningawulibali, ninganquli thixo bambi.

[39]Kuphela nqulani uNdikhoyo uThixo wenu, kuba nguye yedwa oya kunihlangula kuzo zonke iintshaba zenu.”

[40]Kambe ke zange baphulaphule, koko bayiqhubela phambili imikhwa yabo yemveli.

[41]Aba bantu babesithi bemnqula nje uNdikhoyo, kodwa babe beyinqula nemifanekiso yabo eqingqiweyo. Unanamhla ke abantwana babo, nditsho nesizukulwana, basathene nca nezo ndlela zooyise-mkhulu.

2 Reis 18

Ezequias restabelece o culto do Senhor

[1] No terceiro ano de Oseias, filho de Ela, rei de Israel, Ezequias, filho de Acaz, foi proclamado rei em Judá.

[2] Tinha vinte e cinco anos de idade quando começou a reinar e governou vinte e nove anos em Jerusalém; sua mãe chamava-se Abia e era filha de Zacarias.

[3] Ezequias agiu de modo aprovado diante de Yahweh, tal como havia procedido Davi, seu predecessor.

2 Yookumkani 18

UHezekiya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 29:1-2; 31:1)

[1]Ke kaloku kwathi ngonyaka wesithathu kaHosheya unyana kaEla ukumkani wakwaSirayeli, uHezekiya unyana ka-Ahazi ukumkani wakwaJuda waqalisa ukulawula.

[2]Ukuqalisa kwakhe ukulawula wayenamashumi amabini anesihlanu ezelwe, waza ke walawula eJerusalem amashumi amabini anethoba eminyaka. Unina yayinguAbhiya intombi kaZakariya.

[3]Wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo njengoyise-mkhulu uDavide.

[4] Foi ele que retirou os altares idólatras das colinas, pôs a baixo as colunas sagradas e destruiu os postes de adoração pagã. Despedaçou a serpente de bronze que Moisés havia construído, pois até aquele tempo os israelitas lhe prestavam veneração queimando incenso. Era conhecida como Neustã.

[5] Ezequias depositou toda a sua confiança em Yahweh, o SENHOR Deus de Israel, de modo que não houve ninguém semelhante a ele, entre todos os reis de Judá, nem antes nem depois dele.

[6] Conservou-se fiel a Yahweh, sem jamais se afastar dele, e observou os mandamentos que o SENHOR prescrevera a Moisés.

[7] Por isso, Yahweh esteve com ele e lhe concedeu prosperidade em tudo o que fazia. Revoltou-se contra o rei da Assíria e não mais lhe foi submisso.

[8] Derrotou os filisteus até as terras de Gaza, devastando seu território, desde as torres de vigia até as cidades fortificadas.

[9] No quarto ano do governo do rei Ezequias, o sétimo ano do reinado de Oseias, filho de Elá, rei de Israel, Salmanasar, rei da Assíria, marchou com seu exército contra Samaria e a cercou.

[10] Passados três anos, ele a invadiu e conquistou. Samaria foi tomada no sexto ano do reinado de Oseias, rei de Israel.

[11] Depois disso, o rei da Assíria deportou o povo de Israel para a Assíria e estabeleceu-

[4]Wazibhangisa iindawo eziphakamileyo zonqulo, wawaqhekeza amatye awodwa onqulo, wazigawula iintsika zika-Ashera. Wayikroboza inyoka yobhedu eyayenziwe nguMosis. Kaloku ukuza kuthi ga kwelo thuba amaSirayeli ayeyenzela iziqhumiso, kusithiwa nguNehushtani.

[5]UHezekiya yena wakholosa ngoNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Kubo bonke ookumkani bakwaJuda akuzange kubekho ofana naye, ngaphambili nangasemva kwakhe.

[6]Wabambelela kuNdikhoyo, akashenxa kuye, wayithobela loo mithetho wayinika uMosis uNdikhoyo.

[7]Ngoko ke uNdikhoyo waba ngakuye, wamphumelelisa nakuyiphi na into ayenzayo. Wayivukela ikumkani yaseAsiriya, akavuma ukuyibusa.

[8]Wawagqogqa wawagqugqisa amaFilistiya esusela ezimboniselweni ukuya kwizixeko ezinqatyisiweyo, wada wee xhaxhe ngeGaza nemimandla yayo.

[9]Kwathi kunyaka wesine kakumkani uHezekiya owawungunyaka wesixhenxe kaHosheya unyana kaEla ukumkani wakwaSirayeli, ukumkani waseAsiriya uShalmanesere wahlasela iSamariya wayingqinga.

[10]Ekupheleni kweminyaka emithathu ama-Asiriya lawo ayoyisa iSamariya, yaza ke yaba ithinjiwe ngonyaka wesithandathu kaHezekiya, owawungunyaka wethoba kakumkani uHosheya wakwaSirayeli.

[11]Ukumkani waseAsiriya wamfudusa uSirayeli, wamsa eAsiriya, abantu

o em Hala e às margens do Habor, rio de Gozã, e nas cidades dos medos.

[12] Isso aconteceu porque eles não quiseram dar ouvidos a Palavra de Yahweh, seu Deus, e quebraram sua Aliança, não obedecendo a tudo o que ordenara Moisés, servo de Yahweh. Não o escutaram nem puseram suas orientações em prática.

Senaqueribe invade Judá

[13] No décimo quarto ano do governo do rei Ezequias, Senaqueribe, rei da Assíria, atacou todas as cidades fortificadas de Judá e as conquistou.

[14] Então Ezequias, rei de Judá, mandou esta mensagem ao rei da Assíria, em Laquis: “Confesso que errei! Agora, pois, para de me atacar e eu pagarei tudo o que exigires”.

[15] Assim, Ezequias entregou toda a prata que se encontrava no templo, a Casa de Yahweh e nos tesouros do palácio real.

[16] Então Ezequias mandou retirar todo o revestimento de ouro dos batentes e dos umbrais das portas do santuário do SENHOR, de que ele mesmo os revestira, e o entregou ao rei da Assíria.

[17] De Laquis o rei da Assíria mandou ao rei Ezequias, em Jerusalém, seu general, seu oficial principal e seu comandante de campo com um grande exército. Eles subiram a Jerusalém e fizeram uma parada nas proximidades do aqueduto do açude

wabamisa eHala, naseGozan kumlambo iHabhore, nakwiidolophu zamaMedi.

[12]Isihla nje le ntlekele kungokuba amaSirayeli engamthobelanga uNdikhoyo uThixo wawo, koko esuka awaphula umnqophiso nayo yonke imiyalelo yesicaka sikaNdikhoyo uMosis. Ewe, akeva, akenza.

USenakeribhe uhlasela elakwaJuda

(2 Gan 32:1-19; Isaya 36:1-22)

[13]Ngonyaka weshumi elinesine wokulawula kukakumkani uHezekiya, ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe wazihlasela wazithimba zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

[14]Ke uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, wathumela lo myalezo kukumkani waseAsiriya eLakishe, esithi: “Ewe, ndikonile; nceda ke ngoko urhoxe kum. Ndokhupha nantoni na othi mandirhume ngayo.” Ukumkani waseAsiriya ke wamrhafisa ishumi lamawaka eekhilogram zesiliva kunye newaka leekhilogram zegolide.

[15]Ngoko ke uHezekiya wamnika yonke isiliva eyafumanekayo endlwini kaNdikhoyo nakoovimba bakomkhulu.

[16]Kananjalo ke uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, ngelo xesha wayixobula negolide awayetyabeke ngayo iingcango nemigubasi yendlu kaNdikhoyo, wayinika ukumkani waseAsiriya.

[17]Ke kaloku ukumkani waseAsiriya wathi eseLakishe wathumela ukumkani uHezekiya eJerusalem umkhosi omkhulu uphantsi kwenjengele yakhe, nengqwayi-ngqwayi engumaqhuzu, ndawonye nengqwayi-ngqwayi ebhexeshayo. Wakufika

superior, na estrada que conduz ao campo do Lavandeiro.

eJerusalem loo mkhosi, wema kwindlela ebheka apho kusetyenzwa khona amalaphu, ngakumjelo otsala amanzi kwiqula elingentla.

[18] Eles mandaram convocar o rei; e o administrador geral do palácio, Eliaquim, filho de Hilquias, o escrivão Sebna, e o cronista e arquivista real Joá, filho de Asafe, vieram todos ao encontro deles.

[18]La madoda ke akhwaza ukumkani, kwaza ke kwaphuma uEliyakim unyana kaHilekiya umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, ndawonye noJowa unyana ka-Asafu usiba-khulu, bawahlangabeza.

[19] Então Rabsaqué, o comandante de campo, lhes advertiu: “Dizei a Ezequias: Assim diz o grande rei, o soberano da Assíria: ‘Em quem depositas essa confiança que alimentas?

[19]Ingqwayi-ngqwayi ebhexeshayo yathetha nabo yathi: “Xelelani uHezekiya nithi: ‘Ithethe ngolu hlobo ingangalala ukumkani waseAsiriya: Njengokuba uzithembe kangaka nje, Hezekiya, uqamele ngantoni kanye?

[20] Tua estratégia e palavras vazias não são poder suficientes para se vencer uma guerra. Em quem tens depositado a tua fé para te revoltares contra mim?

[20]Akuzilibali unamacebo nobuchule bomkhosi onamandla. Awu, waza walavuza kambe! Ukholose ngabani, undivukela nje?

[21] Estás confiando nesse caniço quebrado, que é o Egito, que espeta e fere a mão de quem se apoiar nele? Porquanto o Faraó, rei do Egito, é assim para com todos os que acreditam e se apoiam nele!

[21]Jonga, ndiyazi ukuba uthembele ngeJiputa. Xa ingubani yona, umsimelelo ofana nengcongolo entlekekileyo, ojika uhlabe izandla zomntu osimelela ngawo, umtsho abe namanxeba. Ewe, unjalo ukumkani waseJiputa; ubenjenjalo bonke abakholosa ngaye.

[22] Porém, se me alegardes: “Nós confiamos em Yahweh, nosso Deus”; eu então perguntarei: por acaso não foram dele os santuários e os altares que Ezequias destruiu, ordenando a Judá e Jerusalém: ‘deveis adorar perante este altar em Jerusalém’?

[22]Mhlawumbi ke uthi: “Hayi, thina sikholose ngoNdikhoyo uThixo wethu.” Kanene lowo asingulo uHezekiya amdilizele iindawo eziphakamileyo zonqulo, wabhangisa namaqonga amadini akhe, esithi kuJuda neJerusalem: “Yizani kunqula kwiqonga eliseJerusalem”?

[23] Agora, pois, aceita a proposta do meu senhor, o rei da Assíria: ‘Eu te darei dois mil cavalos, se tiveres cavaleiros para tanto!’

[23]“ ‘Hayi bo! Yiza kaloku, ukhe unqophisane nenkosi yam, umhlekazi ukumkani

[24] Como poderias derrotar um só príncipe dos menores servos de meu senhor, quando estás acreditando que o Egito poderá lhe fornecer carros de guerra e cavaleiros?

[25] Porventura eu teria vindo atacar e pelejar contra este povo sem o consentimento de Yahweh? Ora, foi o SENHOR que ordenou: 'Ataca e destrói esta terra!'

[26] Então, Eliaquim, filho de Hilquias, e Sebna, e Joá responderam a Rabsaqué: "Rogamos-te que fales aos teus servos em aramaico, porquanto podemos também compreender essa língua. Não fales em hebraico, pois se assim o fizeres todas as pessoas que estão sobre os muros ficarão sabendo o que dizes!"

[27] Entretanto, o comandante, retrucou-lhes: "Será que meu senhor mandou-me até aqui para transmitir essa mensagem exclusivamente para o seu senhor e para ti, e não para todos quantos estão ao nosso redor e sentados no muro, que, assim como cada um de vós, haverão de comer as próprias fezes e beber a própria urina?"

[28] Em seguida, Rabsaqué, levantou-se, bradou em hebraico, a língua dos judeus: "Ouvi a palavra do grande rei, do soberano da Assíria!

[29] Eis o que declara o rei: 'Não deixeis que Ezequias vos engane; porque ele não será capaz de vos livrar da minha mão;

[30] tampouco vos convença Ezequias a depositar toda a vossa confiança em Yahweh, argumentando: "O SENHOR, com

waseAsiriya. Ndokunika amawaka amabini amahashe ukuba unganabo abakhweli.

[24]Kuxa ungubani wena? Akunakuthelekiswa nalo nebhetye-bhetye kumajoni aseAsiriya, noba ungade ukholose ngeenqwelo namahashe aseJiputa.

[25]Kakade ke, uthi ndifane ndeza kuhlasela ukuze nditshabalalise ndibhuqe konke apha ndingayalelwanga nguNdikhoyo? Hayi, nguNdikhoyo ngokwakhe othe mandingene apha, ndilitshabalalise eli lizwe!' "

[26]Kwesi sithuba ke uEliyakim unyana kaHilekiya, noShebhena, noJowa, babhekisa apho kwingqwayi-ngqwayi engumbhexeshi, bathi: "Khawuncede ukhumshe isiAram, mhlekazi; izicaka zakho ezi ziyasiqonda. Musa ukuthetha nathi ngesiHebhere, hleze kuve naba bantu baseludongeni."

[27]Kambe ke loo ngqwayi-ngqwayi yaphendula yathi: "Yini le, nicinga ukuba la mazwi inkosi yam iwabhekisa enkosini yenu nakuni kuphela? Nithi ayiwabhekisi nakwaba bantu bahleli kolu donga? Andithi kaloku nabo kwanjengani baza kutya ilindle labo, basele umchamo wabo!"

[28]Yaphakama ke ingqwayi-ngqwayi leyo, yadanduluka ithetha ngesiHebhere, yathi: "Phulaphulani nive ekuthethayo ingangalala, ukumkani waseAsiriya!

[29]Ukumkani uthi: 'Sanukukhohliswa nguHezekiya lo! Akanako ukunihlangula esandleni sam.

[30]Sanukumvumela aniwexulele ekukholoseni ngoNdikhoyo, esithi: "Ngenene uNdikhoyo uya kusihlangula, nesi

toda a certeza, nos salvará e esta cidade não será entregue nas mãos do rei da Assíria.'

31 Ora, não deis ouvidos a Ezequias; porque assim diz o rei da Assíria: 'Celebrai um pacto de paz comigo e vinde servir-me; e comei com fartura, cada um da sua própria vide e da sua própria figueira, e bebei, cada um da água da sua própria cisterna.

32 Até que eu venha e vos leve para uma terra como a vossa, terra de cereal e de vinho, terra de pão e de vinhas, terra de oliveiras e de mel, para que vivais e não pereçais. Não deis, pois, ouvidos a Ezequias, porquanto esse homem vos engana quando afirma: 'Yahweh, o SENHOR, vos livrará!'

33 Acaso, os deuses das nações puderam salvar, cada um a sua terra, das nações do rei da Assíria?

34 Onde estão agora os deuses de Hamate e de Arpade? Onde se encontram os deuses de Safarvaim, Hena e Iva? Porventura eles conseguiram livrar Samaria do poder das minhas mãos?

35 Quais são, dentre todos os deuses destes países, os que livraram a sua terra dos meus exércitos, para que Yahweh possa salvar a Jerusalém das minhas mãos?

36 Absoluto silêncio caiu sobre todo o povo e ninguém pode lhe responder palavra alguma; porque assim lhe havia ordenado o rei: "Não lhe respondereis!"

37 Então, Eliaquim, filho de Hilquias, o mordomo e administrador geral do palácio, e Sebna, o escrivão, e Joá, filho de Asafe, o

sixeko asiyi kuba lixhoba lokumkani waseAsiriya." '

31"Musani ukumphulaphula uHezekiya lo! Ukumkani waseAsiriya uthi: 'Phumani, nize kuzinikezela kum, sivisisane. Ukuba niyayenza loo nto, nonke ngabanye niya konwaba, ibe ngulowo nalowo atye iziqhamo zesidiliya sakhe namakhiwane akhe, esela amanzi equla lakhe,

32ndide ndize kunithatha, ndinise kwilizwe elifana neli lenu, umhlaba onemveliso yeenkozo newayini, ilizwe lengqolowa nediliya, ilizwe elinemithi yeminquma kunye nobusi. Zikhetheleni ubomi ke, ningakhethi ukufa.' "Sanukulahlekiswa nguHezekiya, kuba uyanilahlekisa xa esithi: 'UNdikhoyo uza kusihlangula.'

33 Nguthixo wasiphi isizwe owakhe wasihlangula esandleni sokumkani waseAsiriya?

34Baphi oothixo baseHamati naseArpadi? Baphi oothixo baseSefarvayim, abaseHena, nabaseIva? Ngaba bakha bayihlangula iSamariya esandleni sam?

35Nguwuphi kwaba thixo bezi zizwe xa bebonke owakha wanako ukuhlangula ilizwe esandleni sam? Ke, uNdikhoyo lowo yena angayihlangula njani iJerusalem esandleni sam?"

36Kodwa ke bona abantu abo bathula bathi cwaka, abaphendula, kuba kaloku ukumkani uHezekiya wayebayalile wathi: "Ze ningamphenduli."

37Ke kaloku uEliyakim unyana kaHilekiya, umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, kunye noJowa

cronista, vieram ter com Ezequias, com suas vestes rasgadas em sinal de indignação, e lhe comunicaram as palavras desafiadoras de Rabsaqué.

2 Reis 19

Ezequias ora na Casa do Senhor

1 Ao tomar conhecimento dessas notícias, o rei Hizkiáhu, Ezequias rasgou suas vestes, cobriu-se de pano de saco em sinal de profunda tristeza e entrou no templo de Yahweh, a Casa do SENHOR.

2 Então, enviou Eliakim, Eliaquim, o mordomo e administrador geral do palácio, a Shevná, Sebna, o escrivão, e os anciãos dos sacerdotes, todos vestidos de pano de saco, à presença do profeta Ieshaiáhu ben Amóts, Isaías filho de Amoz.

3 E eles lhe transmitiram a seguinte mensagem: "Assim diz Ezequias: 'Este é dia de grande angústia, repreensão e vergonha, porquanto filhos estão para nascer, mas não há ânimo nem força para os dar à luz!

4 Bem pode ser que Yahweh, o SENHOR teu Deus, tenha ouvido todas as palavras de Rabsaqué, a quem o seu senhor, o rei da Assíria, enviou para insultar o Deus Vivo. Que Yahweh, o SENHOR teu Deus, o repreenda pelo que ouviu. Intercede, pois, pelos que ainda sobrevivem!"

5 E assim, quando os oficiais do rei Ezequias entregaram essa mensagem a Isaías,

6 este lhes declarou: "Dizei isso a vosso senhor: Assim diz Yahweh, o Eterno: 'Não tenhas medo das palavras que ouviste, das

unyana ka-Asafu, usiba-khulu, bakhathazeka, bazikrazula izambatho zabo, bahamba baya kuHezekiya, baza bamazisa loo mazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi.

2 Yookumkani 19

Ukumkani ucetyiswa nguIsaya

(Isaya 37:1-7)

1Ke kaloku wathi akuziva ezi ndaba ukumkani uHezekiya, suka wakhathazeka, wazikrazula izambatho zakhe, wanxiba ezirhwexayo zokuzila, waya kungena endlwini kaNdikhoyo.

2Wathuma uEliyakim umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala, kunye nababingeleli abaphambili, bonke benxibe ezirhwexayo, wathi mabaye kumshumayeli uIsaya unyana ka-Amozi.

3Baya, bafika bathi: "UHezekiya uthi: 'Lo ngumhla wenkxwaleko, impoxo, nehlazo. Sifana nomfazi ofikelwe lixesha lakhe lokuzala, kodwa engenawo amandla okujongana naloo meko.

4Makube uNdikhoyo uThixo wakho uwevile onke amazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi leya ibithunywe yinkosi yayo ukumkani waseAsiriya ukuze ize kuphoxisa ngoThixo ophilayo. Ngamana yakhalinyelwa ngenxa yamazwi aweve ngokwakhe uNdikhoyo uThixo wakho. Ngoko ke nceda uthandazele amasalela asindileyo.' "

5Athe akufika kuIsaya loo maphakathi kakumkani uHezekiya,

6uIsaya wathi kuwo: "Yixeleleni inkosi yenu ukuba uNdikhoyo uthi: 'Musa ukuxhalaba yiloo nto uyivileyo – loo mazwi athethwe

blasfêmias com as quais os asseclas do rei da Assíria me afrontaram.

7 Porquanto Eu mudarei o seu espírito, as suas intenções. Eis que ele receberá certa notícia que o fará tomar a decisão de retornar imediatamente ao seu país. E em sua própria terra o farei morrer ao fio da espada!'"

8 Rabsaqué voltou e encontrou o rei da Assíria em combate contra Libna, porque havia sido informado que o rei partira de Laquis.

9 O rei ouvir dizer que Tiraca, rei da Etiópia, tinha vindo guerrear contra ele, então mandou novamente a seguinte mensagem a Ezequias:

10 "Assim comunicareis a Ezequias, rei de Judá: 'Que teu Deus, em quem confias, não te iluda, quando promete: "Jerusalém não será entregue às mãos do rei da Assíria!"

11 Ouviste contar o que os reis da Assíria fizeram a todas as nações, destruindo-as completamente, e tu poderias escapar?

12 Acaso seus deuses libertaram as nações que meus pais devastaram: Gozã, Harã, Rezete e os filhos de Éden que habitavam em Telassar?

13 Onde está o rei de Hamate, o rei de Arpade, o rei da cidade de Sefarvaim, de Hena e de Iva?'"

liphakathi lokumkani waseAsiriya lindithuka.

7Uyabona ke, mna ndiza kumfaka umoya wokuba athi akuva umingi-mingi lodaba oluthile, asuke abuyele kwelakowabo. Khona apho ke ndiya kwenza ukuba abulawe ngekrele.' "

Ama-Asiriya athumela isoyikiso kwakhona
(Isaya 37:8-20)

8Ingqwayi-ngqwayi engumbhexeshi womkhosi yathi yakuva ukuba ukumkani waseAsiriya umkile eLakishe, suka yarhoxa, yabuya umva, yaza yafika ukumkani esilwa neLibhena.

9Ke uSenakeribhe wafumana udaba oluthi uTiraka, umKushe ongukumkani waseJiputa, nanko ehlasela iAsiriya. Ngoko ke waphinda wathumela kuHezekiya esithi:

10"Yithi kukumkani uHezekiya wakwaJuda: 'Musa ukukhohliswa ngulo Thixo wakho umthembileyo. Uyakuxokisa xa esithi: "IJerusalem ayiyi kuthinjwa ngukumkani waseAsiriya."

11Kaloku sowuzivile izigigaba zokumkani waseAsiriya kwezinye izizwe; uyazi ukuba wazibhukuqa wazitshabalalisa tu. Ke wena uthi uya kusinda njani?

12Babephi oothixo bezizwe ezatshatyalaliswa ngoobawo-mkhulu? Abazihlangula ngani ke? Oothixo baseGozan, eHaran, eRezefe, nabo babantu base-Eden ababeseTelasare!

13Uphi ngoku ukumkani waseHamati, nowaseArpadi, nokumkani wesixeko saseSefarvayim? Yena owaseHena nowaseIva uphi?' "

[14] Tendo Ezequias ouvido o anúncio dos mensageiros e recebido a carta de suas mãos, leu-a; e imediatamente subiu ao templo, à Casa de Yahweh onde estendeu-a diante da presença do SENHOR.

[15] Em seguida declarou perante Yahweh, o SENHOR, a seguinte oração: "Ó Yahweh, Eterno Deus de Israel, que estás assentado em seu trono, muito acima dos querubins, tu mesmo; só tu és Deus e SENHOR sobre todos os reinos da terra. Tu criaste os céus e a terra.

[16] Inclina, portanto, os teus ouvidos, ó SENHOR, ouve e observa atentamente as palavras que Senaqueribe tonou públicas a fim de afrontar o Deus Vivo.

[17] Ó SENHOR, é verdade que os reis da Assíria têm devastado as nações e as suas terras,

[18] e lançado os seus deuses no fogo, porquanto eles não eram, de fato, deuses, mas apenas obras das paixões e das mãos dos homens, que os modelaram em madeira e pedra; e, por isso mesmo, foram destruídos.

[19] Mas agora Yahweh, nosso Deus, livra-nos de sua mão, te suplico, e que todos os reinos da terra saibam que só tu SENHOR, és Deus, Yahweh!"

Isaías conforta a Ezequias

[20] Então Isaías, filho de Amoz, mandou declarar a Ezequias: "Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus de Israel: 'Ouvi a súplica que me dirigiste a respeito de Senaqueribe, rei da Assíria.'

[14]Ezo zigidimi zamnika loo leta uHezekiya, waza ke yena wayifunda, wayithatha waya nayo endlwini kaNdikhoyo, wafika wayandlala phambi koNdikhoyo.

[15]Wathandaza kuNdikhoyo, wathi: "Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, wena osesihlalweni phakathi kwezithunywa ezimaphiko,nguwe kuphela onguThixo olawula zonke izikumkani zehlabathi. Wena wawadala amazulu kwanehlabathi.

[16]Kaloku ke, Ndikhoyo, khawubek' iindlebe uphulaphule. Vula amehlo akho ujonge, Ndikhoyo. Khawuweve la mazwi awathumeleyo uSenakeribhe, ethuka uThixo ophilayo.

[17]Sivile, Ndikhoyo, ukuba ookumkani baseAsiriya bazibhuqa bazitshabalalisa ezi zizwe kunye nemihlaba yazo.

[18]Oothixo bazo wabafaka emlilweni, wabatshabalalisa; kuba kakade babengethixo, koko yimifanekiso eqingqwe zizandla zabantu ngomthi nangelitye.

[19]Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wethu, khawusihlangule kulo mfo, khon' ukuze zonke izikumkani zehlabathi ziqonde ukuba nguwe wedwa, Ndikhoyo, onguThixo."

UIsaya uxela ukuwa kukaSenakeribhe

(Isaya 37:21-38)

[20]Ke uIsaya unyana ka-Amozi wathumela umyalezo kuHezekiya, esithi: " UNdikhoyo uThixo kaSirayeli uthi: 'Ndiwuvile umthandazo wakho mayela nokumkani waseAsiriya uSenakeribhe.'

[21] Eis, portanto, a palavra que o SENHOR declara contra ele: ‘A virgem, a filha de Sião, te despreza e zomba de ti; a filha de Jerusalém meneia a cabeça atrás de ti.

[22] A quem insultaste, blasfemaste? Contra quem elevaste arrogantemente a voz e olhaste com desdém? Contra o Santo de Israel!

[23] Por meio dos teus mensageiros ofendeste o SENHOR quando propagaste: “Com a multidão de meus carros de guerra conquistei o alto dos montes, no interior do Líbano; derrubei pinheiros e cheguei na sua pousada mais remota, na floresta mais densa.

[24] Eu cavei e bebi águas de terras estrangeiras; e com as plantas de meus pés sequei todos os rios do Egito”.

[25] Porventura, não ouviste que já há muito determinei tudo isso e desde antes da antiguidade planejei o que agora faço acontecer? Porém aprouve-me agora o executar, para que fosses tu que reduzisses as cidades fortificadas a montes de escombros e ruínas desertas.

[26] Por isso os habitantes dessas cidades não tiveram qualquer poder, ficaram aterrorizados e envergonhados; tornaram-se como a erva do campo, como a relva verde, e como o capim dos telhados, que se queimam antes mesmo de amadurecer.

[21]Mayela naye ke uNdikhoyo uthi: “ ‘Okokwakho, wena Senakeribhe, isixeko iZiyon siyakugcolodela; isixeko iZiyon sihlekisa ngawe. Ewe, iJerusalem ihlunguzel' intloko xa ikubona wena uswantsula.

[22]Ngubani lo umngcikiva ngezinyeliso ezinje? Uba uthetha nabani ukhwaza nje? Ngubani lo umjonge ungenambeko? Lowo ke nguYedwa kaSirayeli!

[23]Wena uthumele izigidimi, uNdikhoyo wamfumba ngezithuko; kaloku ugcolode wathi: “Mna ndinenyambalala yeenqwelo; ngazo ndiqabel' iintab' eziphakamileyo, loo malenga-lenga aseLebhanon. Ndiyigawule imisedare yayo emide naloo mipayini yayo ingayiwayo. De ndafikelela nasekudeni, nditsho esitsikolweni sehlathi.

[24]Ndimbe amaqula kumazwe eentlanga, ndaza ke ndasela amanzi khona. Ndingqishe ngonyawo kuphela, yatsho yoma yonke imithomb' eJiputa.”

[25]“ ‘Ngaba awuzange uve na; ukuba le nto yamiselwa ndim, ukuba sekuntsuku ndayicwangcisayo le nto yenzekayo namhlanje, ukuba wena udilize izixeko ezinqatyisiweyo, uzivuthulule zitsho zibe ngamabhodlo?

[26]Abemi bazo baphelelwe ngamandla; bathe nkamalala, basezintlonini. Nqwa nomfino emasimini phaya ngathi zizithombo ezithukuzayo, ngathi yingc' entshula phezu kwendlu, esuk' itshe ingakhulanga nokukhula.

[27] Contudo, conheço bem teu assentar, teu sair e teu entrar, bem como observo o teu furor contra mim.

[28] Por causa da tua ira maldosa contra a minha pessoa e porque a tua insolência subiu aos meus ouvidos, porei meu anzol no teu nariz e o meu cabresto na tua boca, e te obrigarei a voltar pelo caminho por onde vieste'.

[29] E, este será o sinal que darei a ti, Isaías: 'Neste ano comereis do que crescer espontaneamente do solo; no ano seguinte o que brotar disso, mas no terceiro ano semeai e colhei, plante vinhas e comei de seus frutos,

[30] pois o que escapou e sobrou da casa de Judá lançará raízes para baixo e dará fruto para cima.

[31] Porquanto de Jerusalém sobreviverá um resto, e do monte Sião, haverá salvos. Eis o que fará o zelo de Yahweh, o SENHOR dos Exércitos!'

[32] Sendo assim, eis o que diz ainda o SENHOR acerca do rei da Assíria: 'Ele não entrará nesta cidade de modo algum, nem lançará flecha de nenhuma espécie contra seu povo; não enfrentará essa cidade com escudo, tampouco construirá rampas de ataque ao redor dela.

[33] Ele retornará aos seus pelo mesmo caminho por onde veio, mas não entrará jamais nesta cidade!' Este é o oráculo de Yahweh! Assim diz o SENHOR:

[34] 'Porque Eu protegerei esta cidade e a salvarei, por amor de mim e por amor do meu servo Davi!"

[27]" 'Kambe ke ndikwazi kakuhle, ndikwazi ukusuka nokuhlala namagwevu okundivukela kwakho.

[28]Kaloku wena uzimisele ukulwa nam. Ndivile nangokundinyelisa kwakho. Ndiza kukuqhobosha impumlo, ndikufake umkhala emlonyeni, ndikubuyisele aph' ubuvela khona.'

[29]"Nanku ke umqondiso wakho, Hezekiya: " 'Kulo nyaka uya kutya ummilela, kowesibini utye ummilela wommilela, kowesithathu ke uhlwayele uvune utyale izidiliya, utye iziqhamo zazo.

[30]Ophinda ke amasalela endlu kaJuda amile; ewe, aya kuzika ade azinze, aqhelezele yinkqubela abe njeyaa.

[31]Kaloku lona lophuma eJerusalem; losuka lithi gqi qhaphu ihlumelo. Lothi nyalulu kwintaba iZiyon; nditsho iqela labo babhungcileyo. Ewe, uNdikhoyo uSomandla uzimisele, yaye ke eya kuyifezekisa loo nto.'

[32]"Ewe, uNdikhoyo uthetha ngolu hlobo mayela nokumkani waseAsiriya: " 'Akasoze angene kwesi sixeko, engayi kudubula lutolo apha. Akasoze eze phambi kwaso, engayi kusihlanganisela ngakhaka. Akasayi kwakha asingqinge esi sixeko.

[33]Ewe, wobuya agoduke kwangendlela ebeze ngayo. Soze angene kwesi isixeko! Nditshilo nje mna Ndikhoyo, nditshilo.

[34]Ndiya kusihlanganisela esi sixeko; ewe, mna ndiya kusihlangula. Ngenxa yesidima

segama lam, nangenxa yesicaka sam uDavide, yonke loo nto ndiya kuyenza.' "

Deus fere os assírios e livra Judá

[35] Assim, naquela mesma noite, o Anjo de Yahweh partiu e matou cento e oitenta e cinco mil guerreiros que se encontravam no acampamento dos assírios. Quando o povo se levantou ao raiar do dia seguinte, lá jaziam sobre a terra todos os cadáveres.

[35]Ngobo busuku ke isithunywa sikaNdikhoyo saya kumkhosi wama-Asiriya, safika sabulala amadoda alikhulu mashumi asibhozo anantlanu amawaka. Bathe ke bakuvuka ngentsasa elandelayo bazibona izidumbu zithe gangalala!

[36] Então Senaqueribe, rei da Assíria, fugiu apavorado, retornando a Nínive, onde permaneceu.

[36]Ngoko ke uSenakeribhe, ukumkani waseAsiriya, wazichitha warhoxa, wabuyela eNiniva, wahlala khona.

[37] Quando ele estava adorando e cultuando ao seu deus Nisroque, em seu próprio templo, seus filhos Adrameleque e Sarezer o assassinaram ao fio da espada e fugiram para a terra de Arará. Então, seu filho Esar-Hadom passou a reinar em seu lugar.

[37]Ngamhla uthile ke uthe esanqula kwindlu yothixo wakhe uNiseroki, suka oonyana bakhe uAdrameleki noSharezere bamhlasela, bambulala ngekrele, baza ke babalekela kwelaseArarati. Ke uEsaridon, omnye koonyana bakhe, wangena esikhundleni sakhe, wangukumkani.

2 Reis 20

Ezequias adoece

[1] Naquela época, Ezequias adoeceu e esteve à beira da morte. O profeta Isaías, filho de Amoz, foi visitá-lo e lhe declarou: "Põe ordem em tua casa, porque não te recuperarás, mas vais encontrar a morte".

[2] Ou ouvir essas palavras, o rei virou o rosto para a parede e orou a Yahweh:

[3] "Ah Yahweh, ó Eterno SENHOR, eu te suplico, lembra-te nesse momento de como tenho caminhado contigo em fidelidade, sinceridade e integridade de coração, e de como tenho praticado o que é justo e correto

2 Yookumkani 20

Ukugula kukaHezekiya

(Isaya 38:1-8,21-22; 2 Gan 32:24-26)

[1]Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza wathi kuye: " UNdikhoyo uthi: 'Lungisa imicimbi yomzi wakho ime kakuhle, kuba uza kufa, awuzukuphila.' "

[2]Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza kuNdikhoyo wathi:

[3]"Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho." Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

diante de ti!" E grande angústia tomou conta de Ezequias e o fez chorar copiosamente.

4 Contudo, antes que o profeta Isaías se retirasse da cidade, quando atravessava o pátio intermediário, eis que lhe sobreveio a Palavra do SENHOR, dizendo:

5 "Volta e declara a Ezequias, príncipe do meu povo: 'Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus de teu pai Davi: Ouvi a tua oração, as tuas súplicas e vi as tuas lágrimas. Eu te curarei; depois de três dias, subirás à Casa do SENHOR!"

6 Acrescentarei quinze anos à tua vida na terra; e livrarei a ti e a esta cidade toda das mãos do rei da Assíria; protegerei esta cidade por amor à minha própria pessoa e por amor do meu servo Davi."

7 E disse mais Isaías ao rei: "Tomai uma pasta de figos e pensai-a sobre a úlcera; em seguida, um emplastro foi aplicado às feridas; e ele ficou curado.

8 Quando Isaías entregou essa mensagem a Ezequias, este lhe indagou: "Qual é o sinal de que Yahweh me curará e que depois de três dias conseguirei subir ao templo do SENHOR?"

9 Ao que prontamente lhe asseverou Isaías: "Este, pois, será o sinal de Yahweh, de que cumprirá o que prometeu: 'Queres que a sombra se adiante ou regrida dez graus na escadaria?"

10 Então Ezequias ponderou-lhe: "É fácil que a sombra venha a se adiantar dez graus; não

4Uthe ke uIsaya engekaphumi kwindlu ephakathi, labe ilizwi likaNdikhoyo selifikile kuye. Lalisithi:

5"Jika uxelele inkokheli yabantu bam uHezekiya, uthi: 'Nali ilizwi elithethwa nguNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide: Ndiwuvile umthandazo wakho, ndazibona neenyembezi zakho. Ndiza kukuphilisa. Ngosuku lwesithathu ukusuka ngoku uya kuya endlwini kaNdikhoyo.

6Ndiza kubongeza ngeminyaka elishumi elinesihlanu ubomi bakho. Futhi ndiza kukuhlangula wena kunye nesi sixeko kwisandla sokumkani waseAsiriya. Esi sixeko ndiza kusikhusela ngenxa yesidima segama lam nangenxa yesicaka sam uDavide.' "

7UIsaya uqhube wathi: "Ithumba elo libekeleni ngentlama yomkhiwane." Ngenene ke balibekela ithumba elo, waza ke waphila.

8UHezekiya wabuza kuIsaya wathi: "Woba yintoni na umqondiso wokuba uNdikhoyo uya kundiphilisa ndize ndibe nako ukuya endlwini kaNdikhoyo ngosuku lwesithathu ukusuka ngoku?"

9UIsaya wathi: "Nanku ke umqondiso kaNdikhoyo ocacisa ukuba yena uya kwenza ngokwesithembiso sakhe. Ùthi isithunzi masiye phambili ishumi leenyawo okanye sibuye umva ishumi leenyawo?"

10UHezekiya wathi: "Yinto engenamsebenzi ukuba isithunzi siye phambili ishumi

seja assim; pelo contrário, prefiro ver que a sombra retorne dez graus de sua posição!”

11 Em seguida, o profeta Isaías invocou o nome de Yahweh, e clamou ao SENHOR, que imediatamente fez a sombra recuar dez graus que havia avançado no relógio de sol de Acaz.

A embaixada do rei de Babilônia

12 Naquele tempo, Merodaque-Baladã, filho de Baladã, rei da Babilônia, enviou cartas e um presente a Ezequias, pois ficou sabendo que Ezequias havia estado doente e se recuperara.

13 Ezequias deu audiência aos mensageiros e apresentou-lhes todo o palácio do seu tesouro, a prata e o ouro, as especiarias e os melhores óleos, seu depósito de armas e tudo quanto havia nos seus muitos armazéns. Não houve nada no seu palácio ou em todo o seu reino que Ezequias não lhes mostrasse com alegria.

14 Então o profeta Isaías foi ter com o rei Ezequias e indagou-lhe: “Que desejavam aqueles homens, e de onde veio tal comitiva para te visitar?” Ezequias respondeu: “Vieram de um país longínquo, da Babilônia!”

15 E Isaías seguiu interrogando: “E o que é que observaram em teu palácio?” Ao que Ezequias esclareceu: “Ora, viram tudo o que há no meu palácio; nada há nos meus armazéns que eu não lhes tenha mostrado!”

16 Então Isaías declarou a Ezequias: “Ouve, portanto, o que diz a Palavra de Yahweh:

17 “Dias virão em que será levado para a Babilônia tudo quanto existe em teu palácio, todos os tesouros que teus antepassados

leenyawo. Hayi, kanye masibuye umva ishumi leenyawo.”

11Ke umshumayeli uIsaya wanqula uNdikhoyo, waza uNdikhoyo wasibuyisa umva isithunzi kangangeenyawo ezilishumi apho kwisitupu sika-Ahazi.

Izigidimi zaseBhabheli
(Isaya 39:1-8)

12Ke kaloku ngelo xesha ukumkani waseBhabheli, uMerodaki-bhaladan unyana kaBhaladan, weva ukuba uHezekiya ubekhe wagula. Ngoko wambhalela iileta, wazithumela ngezigidimi kunye nesipho.

13UHezekiya wazamkela izigidimi ezo, waza wazibonisa konke okwakukoovimba bakhe: isiliva negolide, ubulawu neziqholo, nazo zonke izikrweqe zakhe zomkhosi. Wazingenisa kubo bonke oovimba bakhe, akwabikho nto zingayibonanga apho ebhotwe nakubukumkani bakhe buphela.

14Umshumayeli uIsaya ke waya kukumkani uHezekiya, wafika wabuza wathi: “La madoda ebevela phi, efuna ntoni khona?” UHezekiya uphendule wathi: “Aphuma kwelikude eBhabheli.”

15“Ngaba kukho nto ayibonileyo ke apha komkhulu?” ubuzile umshumayeli. UHezekiya uphendule ngelithi: “Akukho nto angayibonanga. Ndiwangenise kubo bonke oovimba bam.”

16Waza ke uIsaya wathi kuHezekiya: “Nali ke ilizwi likaNdikhoyo:

17‘Ngenene liyeza ithuba apho yonke into elapha komkhulu nalo lonke ilifa elashiywa ngooyihlo ukuza kuthi gaa namhlanje liya

acumularam até hoje; nada ficará aqui! Assim diz o SENHOR!

18 Dentre os filhos que te nasceram, os que tu mesmo geraste, tomarão alguns para serem eunucos no palácio do rei de Babilônia!"

19 Então considerou Ezequias a Isaías: "Que se cumpra a boa vontade de Yahweh que anuncias!" Porquanto o rei compreendeu que viveria em paz e seu reino não veria o castigo futuro.

20 Quanto às demais realizações de Ezequias, e todo o seu poder, e como construiu o açude e o aqueduto, e trouxe água potável para dentro da cidade, porventura, não estão escritos no Livro da História dos Reis de Judá?

21 Descansou Ezequias com seus antepassados; e seu filho, Manassés passou a reinar em seu lugar.

2 Reis 21

A impiedade de Manassés e as ameaças de Deus

1 Tinha Menashe, Manassés, doze anos de idade quando iniciou seu reinado e governou cinquenta e cinco anos em Jerusalém. Sua mãe chamava-se Heftsi-Ba, Hefzibá.

2 Fez Manassés o que era mau perante Yahweh, seguindo a prática abominável das nações pagãs que o SENHOR havia expulsado da presença do povo de Israel.

3 Pois voltou a edificar os altares das colinas que seu pai Ezequias tinha posto abaixo; e mais, Manassés ergueu altares ao deus Baal,

kuthinjwa lifuduselwe eBhabheli.' Ewe, uNdikhoyo uthi akukho nto iya kusala.

18Abanye kubazukulwana besinqe sakho kanye baya kuthinjwa, baze benziwe amathenwa, babe zizicaka kwibhotwe lokumkani waseBhabheli."

19"Eli lizwi likaNdikhoyo ulithethayo lifanelekile," uphendule watsho uHezekiya. Kaloku wayesithi: "Noko kuya kubakho inzolo nokhuseleko ngemihla yokudla kwam ubomi."

Ukufa kukaHezekiya
(2 Gan 32:32-33)

20Ke ezinye zeziganeko zikaHezekiya, nayo yonke imizabalazo yakhe esenza iqula netonela awatsala amanzi ngalo ewangenisa esixekweni, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

21UHezekiya ke waya kuphumla kooyise, waza ke unyana wakhe uManase wangukumkani esikhundleni sakhe.

2 Yookumkani 21

UManase ukumkani wakwaJuda
(2 Gan 33:1-20)

1UManase wayeneshumi elinesibini leminyaka ukuqala kwakhe ukuba ngukumkani, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mahlanu anesihlanu. Unina yayinguHefezibha.

2Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo, wasuka wahamba ekhondweni lemikhwa emasikizi yezo zizwe wazigxothayo uNdikhoyo phambi kwamaSirayeli.

3Iindawo zonqulo eziphakamileyo awazitshitshisayo uyise uHezekiya, yena wabuya wazivusa, kananjalo wakhela

mandou construir um poste-ídolo como o que Acabe, rei de Israel, tinha feito e adorou todo o exército do céu e lhes prestou culto.

noBhali amaqonga, wenza nentsika ka-Ashera, kanye ngendlela awayenze ngayo uAhabhi ukumkani wakwaSirayeli. Wayequbuda nakwiindidi zonke zeenkwenkwezi ezinqula.

4 Levantou altares na Casa de Yahweh, da qual o próprio SENHOR havia declarado: “Em Jerusalém estabelecerei o meu Nome!”

4Wakha amaqonga endlwini kaNdikhoyo, nangona uNdikhoyo wayeyalele wathi: “Igama lam ndolimisa eJerusalem.”

5 Da mesma forma edificou altares em homenagem e culto aos astros e a todo exército dos céus nos dois pátios do templo do SENHOR.

5Kuzo zombini iinkundla endlwini kaNdikhoyo wakhela iinkwenkwezi amaqonga.

6 E queimou o seu próprio filho como holocausto e sacrifício às divindades que cultuava; praticou adivinhações pelas nuvens, dedicou-se à feitiçaria e recorreu a médiuns e a todo aquele que dizia consultar espíritos. Assim, fez tudo quanto Deus reprova e, por isso, provocou a ira do SENHOR.

6Unyana wakhe wamfaka emlilweni, esenza idini ngaye. Wayethe phithi yimilingo nokuvumisa, ehamba kumagqirha noosiyazi. Wayegqithisile ukwenza ububi emehlweni kaNdikhoyo, emqumbisa.

7 Manassés ainda tomou o poste sagrado que havia feito e o colocou na Casa de Yahweh, sobre o qual o SENHOR havia dito expressamente a Davi e a seu filho Salomão: “Neste templo e em Jerusalém, que escolhi dentre todas as tribos de Israel, estabelecerei o meu Nome para sempre!

7Wathatha intsika ka-Ashera awayeyikrolile, wayifaka endlwini kaThixo, ukanti ke uNdikhoyo wayemyalile uDavide ndawonye noSolomon unyana wakhe, wathi: “Igama lam ndolimisa kude kube ngunaphakade apha kule ndlu eJerusalem, ndawo leyo ndayinyulayo phakathi kwazo zonke izindlu zikaSirayeli.

8 Não permitirei mais que os pés dos filhos de Israel caminhem sem rumo nesta terra que entreguei a seus pais, contanto que tenham cuidado de viver e observar tudo o que lhes ordenei, e de acordo com toda a Torá, a Lei que meu servo Moisés lhes ordenou”.

8Ukuba amaSirayeli abe nenyameko, akwenza konke endiwayalele kona, awuthobela wonke umthetho awawunikwa sisicaka sam uMosis, mna andisoze ndibuye ndiwenze abhadule emke kweli lizwe ndalinika ooyise.”

9 Entretanto, o povo não deu ouvidos à Palavra. E se deixaram ser induzidos por

9Kodwa akaphulaphulanga, kuba uManase wawalahlekisa ngangokuba wada

Manassés ao erro e ao pecado, de tal modo que fizeram muito pior do que as nações pagãs que o SENHOR havia exterminado diante dos olhos dos israelitas.

10 Então Yahweh sentenciou por intermédio de seus servos, os profetas:

11 "Manassés, rei de Judá, praticou estas abominações, fazendo pior do que tudo quanto fizeram os amorreus, que o antecederam, e também levou Judá a pecar ao cultuar os seus ídolos;

12 por esse motivo assim declara Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel: "Eis que enviarei um castigo tão severo sobre Jerusalém e Judá, que ambos os ouvidos de todos que escutarem retinirão!

13 Estenderei sobre Jerusalém o fio de medir utilizado contra Samaria e o fio de prumo usado contra a família de Acabe. Limparei Jerusalém como se limpa um prato, lavando-o e virando-o de cabeça para baixo.

14 Desprezarei os restos de minha herança, entregá-los-ei nas mãos de seus inimigos, e eles servirão de presa e de espólio a todos os seus inimigos,

15 porquanto praticaram o que é reprovável aos meus olhos e têm me deixado irado desde o tempo em que os antepassados deles saíram do Egito até os dias de hoje".

16 Manassés ainda matou tantas pessoas inocentes, que as ruas de Jerusalém ficaram alagadas de sangue. Além disso, ele cometeu o pecado de induzir o povo de Judá a adorar seus ídolos, praticando, portanto, o que é

wabalasela ekwenzeni ububi kunezo zizwe wazitshabalalisayo uNdikhoyo phambi kwamaSirayeli.

10UNdikhoyo wathetha ngomlomo wezicaka zakhe abashumayeli, wathi:

11"UManase ukumkani wakwaJuda wenze izono ezilumezayo. Yena ubalasele ekwenzeni okubi kunawo nama-Amori awayelapho ngaphambi kwakhe. Ngale mifanekiso yakhe uJuda umlukuhlele esonweni.

12Ngoko ke uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, utsho ukuthi: 'Niyabona, iJerusalem ndawonye noJuda ndiza kuyithobela isithwakumbe esiya kubetha zithi nzwii iindlebe zakhe wonke umntu ophulaphuleyo.

13Apha phezu kweJerusalem ndiza kuthoba isohlwayo esifana neso ndayohlwaya ngaso iSamariya kunye nendlu ka-Ahabhi. IJerusalem ndoyitshabalalisa ndiyibhukuqe oku komntu osula isitya aze asiphethule.

14Ndosuka ndiwabukule amasalela alilifa lam; ewe, ndowanikezela ezandleni zeentshaba zawo. Aya kuxhatshazwa abhunculwe ziintshaba zawo.

15Kaloku wona asuke enza okubi emehlweni am, awuxhokonxa umsindo wam, nto leyo ke yenzeka kwamhla bâphuma ooyise eJiputa kude kube namhla.' "

16Ngaphezu koko ke uManase waliphalaza gqitha igazi elingenatyala, eqalela kweli cala, athi xhaxhe kweliya icala leJerusalem; nangaphandle kwesono awalukuhlela amaJuda kuso ukuze enze okubi emehlweni kaNdikhoyo.

errado, o que definitivamente não agrada Yahweh, o SENHOR Deus.

[17] Todas as demais atitudes de Manassés e suas realizações, todos os seus erros e pecados cometidos, todos os seus atos estão escritos na História dos Reis de Judá.

[17]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaManase, nayo yonke imisebenzi yakhe ikunye neso sono sakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

[18] Manassés chegou ao fim da vida e foi sepultado no terreno do seu próprio palácio, no Jardim de Uzá, e o seu filho Amom assumiu o seu lugar e passou a reinar.

[18]Ke uManase waya kuphumla kooyise, waza wangcwatywa emyezweni wakhe apho ebhotwe – lowo ke ngumyezo kaUza. Unyana wakhe uAmon wangena esikhundleni sakhe wangukumkani.

Amom é um mau rei, e os seus servos o matam

UAmon ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 33:21-25)

[19] Tinha Amom vinte e dois anos de idade quando começou a reinar e governou dois anos em Jerusalém. Sua mãe se chamava Meshulémet bat Haruts, Mesulemete filha de Haruz, de Jotbá.

[19]Ke kaloku uAmon wayeneminyaka emashumi mabini anambini ezelwe ukuqala kwakhe ukulawula, waza ke walawula iminyaka emibini eJerusalem. Unina yayinguMeshulemete intombi kaHaruze eYotebha.

[20] Como seu pai Manassés, o rei Amom cometeu muitos pecados, atitudes e práticas que desgostaram sobremodo a Yahweh, o SENHOR Deus.

[20]KwanjengoManase uyise naye wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

[21] Ele imitou o mau procedimento do seu pai e também adorou e serviu os ídolos que seu pai havia cultuado.

[21]Yena wahamba ekhondweni likayise, akanxaxha; naye wanqula imifanekiso yezithixo njengoyise, equbuda kuyo.

[22] Amom desprezou a Yahweh, o SENHOR, Deus de seus antepassados, e não seguiu o caminho do Eterno.

[22]Wasuka wambukula uNdikhoyo uThixo wooyise, akahamba ngendlela yakhe.

[23] Entrementes, os próprios oficiais de Amom conspiraram contra ele e o assassinaram em seu palácio.

[23]Ke amaphakathi kakumkani uAmon amenzela iyelenqe, ambulalela kwakhe ebhotwe.

[24] Em seguida, o povo da terra matou todos os que haviam se revoltado contra o rei Amom e proclamou Josias, seu filho, rei em seu lugar.

[24]Bona ke abantu belo zwe bababulala bonke abo babenzele ukumkani uAmon iyelenqe, baza babeka unyana wakhe uJosiya wangukumkani esikhundleni sakhe.

[25] Quanto às demais realizações de Amom, todos os seus atos estão escritos no Livro das Crônicas dos Reis de Judá.
[26] Amom foi sepultado no túmulo da família real, no Jardim de Uzá e seu filho Josias foi seu sucessor.

2 Reis 22

Josias repara o templo

[1] Josias tinha oito anos quando começou a reinar, e governou trinta e um anos em Jerusalém. Sua mãe se chamava Iedidá bat Adaiá, Jedida, filha de Adaías, de Bozcate.

[2] Ele praticou o que era correto e agradável aos olhos de Yahweh, o SENHOR e procurou agir em tudo de acordo com os princípios de Davi, seu antepassado, sem se desviar para direita nem para a esquerda.
[3] No décimo oitavo ano do seu reinado, o rei Josias mandou o escrivão e secretário pessoal Safã, filho de Azalias e neto de Mesulão, à Casa de Yahweh, mediante a seguinte ordem:
[4] "Sobe a Hilquias, o sumo sacerdote, para que confira o dinheiro que se tem trazido para o templo do SENHOR, o qual os guardas da entrada têm recebido das mãos do povo;
[5] Que todas as pessoas entreguem sua prata exclusivamente nas mãos dos homens nomeados para supervisionar a reforma do templo, a fim de que possam pagar todos os trabalhadores que efetuam a obra de restauro no templo do SENHOR:

[25]Ezinye ke iziganeko zolawulo luka-Amon, nemisebenzi yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.
[26]Wangcwatyelwa engcwabeni lakhe emyezweni kaUza. Unyana wakhe uJosiya waba ngukumkani esikhundleni sakhe.

2 Yookumkani 22

Ukufunyanwa kwencwadi yomthetho
(2 Gan 34:1-2,8-28)

[1]UJosiya waqalisa ukulawula eneminyaka esibhozo, waza walawula eJerusalem iminyaka emashumi mathathu ananye. Unina yayinguYedida intombi ka-Adaya waseBhozekati.

[2]Ke yena wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, ehamba ekhondweni likayise-mkhulu uDavide, enganxaxhi.

[3]Ngonyaka wakhe weshumi elinesibhozo ukumkani uJosiya wathumela unobhala onguShafan unyana ka-Azaliya kaMeshulam endlwini kaNdikhoyo, wathi kuye:

[4]"Yiya kumbingeleli omkhulu uHilekiya, utsho alungise laa mali ibiziswe endlwini kaNdikhoyo, leya ibiqokelelwe ngabagcini-mnyango ebantwini.

[5]Yitsho bayigcinise kuloo madoda amiselwe ukongamela umsebenzi wendlu kaThixo. Loo madoda ke wona aze ahlawule abasebenzi abahlaziya indlu kaNdikhoyo:

[6] os carpinteiros, construtores e os pedreiros; e que comprem madeira e pedras lavradas com arte para restaurar a Casa.

[6]abachweli, abakhi, neengcibi. Kananjalo mabathenge imithi namatye akroliweyo, ukuze kuhlaziywe indlu kaThixo.

[7] Entretanto, eles não precisavam prestar contas de toda a prata que lhes foi entregue em confiança, pois todos agiam com absoluta honestidade.

[7]Kambe ke ze bangenzi nkcukacha yangxelo ngaloo mali isezandleni zabo, kuba bangabantu abasebenza ngentembeko."

Hilquias acha o livro da Lei

[8] Então o sumo sacerdote Hilquias compartilhou com o escrivão Safã: "Encontrei o Livro da Torá, da Lei, na Casa de Yahweh, o Eterno!" E Hilquias entregou o Livro a Safã, e ele o leu.

[8]UHilekiya umbingeleli omkhulu ke waxelela uShafan unobhala lowo, wathi: "Apha endlwini kaNdikhoyo ndifumene incwadi yomthetho." Waza ke wamnika, ke yena uShafan wayifunda.

[9] Mais tarde, o escrivão Safã apresentou-se ao rei e lhe relatou: "Teus servos contaram toda a prata que foi achada no templo e a confiaram aos mestres supervisores da obra e aos trabalhadores do templo do SENHOR.

[9]UShafan lowo ke waya kukumkani, waza wamazisa wathi: "Izicaka zakho ziyikhuphile imali ebisendlwini kaNdikhoyo, zaza zayinikezela kubasebenzi nakwabo bongamele umsebenzi wokuhlaziywa kwendlu kaThixo."

[10] Safã, o escrivão e secretário, relatou ainda ao rei: "O sacerdote Hilquias me entregou um livro. E Safã o leu diante do rei.

[10]Kananjalo ke unobhala lowo unguShafan wathi kukumkani: "Umbingeleli uHilekiya undinike incwadi." Waza ke wayirhola, wayifundela ukumkani lowo.

[11] Assim que ouviu a leitura do Livro da Torá, da Lei, o rei levantou-se e indignado rasgou as suas vestes.

[11]Uthe ke ukumkani akuweva amazwi encwadi leyo yomthetho, suka wazikrazula izambatho zakhe.

[12] Então, imediatamente, deu a seguinte ordem ao sacerdote Hilquias, a Aicão, filho de Safã, a Acbor, filho de Micaías, ao escrivão e seu secretário Safã e ao oficial real Asaías:

[12]Wamnika lo myalelo, ewubhekisa kumbingeleli uHilekiya, uAhikam unyana kaShafan, uAkibho unyana kaMikaya, uShafan unobhala, kunye noAsaya igosa likakumkani, esithi:

[13] "Ide, consultai o SENHOR por mim, pelo povo e por todo o Judá, acerca das palavras deste Livro que foi achado; porque grande é o furor de Yahweh, que se acendeu contra nós, porquanto nossos antepassados não obedeceram às palavras deste Livro, para

[13]"Hambani niye kuqondisisa kuNdikhoyo egameni lam, nelabantu, noJuda ephela, nibuzise ngako konke okubhaliweyo kule ncwadi ifunyenweyo. Awunganganto umsindo kaNdikhoyo ngakuthi ngenxa yoobawo abangazange bawathobele

cumprirem tudo quanto está escrito a nosso respeito!"

Hulda, a profetisa

[14] Em seguida, o sacerdote Hilquias, Aicão, Acbor, Safã e Asaías partiram e foram consultar a profetiza Hulda, esposa de Salum, filho de Ticvá e neto de Harás, responsável pelo guarda-roupa e as vestes sagradas do templo. Naquela ocasião ela morava na parte baixa de Jerusalém, um bairro novo que ali se formara.

[15] Então a profetiza lhes comunicou: "Assim diz o SENHOR, o Deus de Israel: 'Dizei ao homem que vos enviou à minha presença:

[16] Eis que isto declara Yahweh, o SENHOR: Eu trarei castigo sobre este lugar e seus moradores, de acordo com todas as palavras do Livro que o rei de Judá leu!

[17] Porquanto me desprezaram e queimaram incenso sagrado a outros deuses, provocando-me à ira por meio de todas as obras das suas mãos, o meu furor se acendeu contra este lugar e não se extinguirá'

[18] E direis mais ao rei de Judá, que vos mandou para consultar o SENHOR: 'Assim diz Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel: 'Quanto às palavras que ouviste,

[19] porque teu coração se moveu e te humilhaste na presença do SENHOR, assim que ouviste o que declarei contra este lugar e seus habitantes, isto é, que se transformariam em escombros, destruição e

amazwi ale ncwadi. Ewe, abenzanga ngokufanelekileyo mayela namazwi athethwa yile ncwadi ngokubhekiselele kuthi."

[14]Ke umbingeleli uHilekiya, noAhikam, uAkibho, uShafan, noAsaya, baya kuthetha nomshumayelikazi uHulda owayengumka-Shalum unyana kaTikiwa kaHarase, owayengumgcini wegumbi lezambatho. Yena wayehlala kwisithili sesibini eJerusalem.

[15]Ke yena wathetha nabo wathi: "Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: 'Mxeleleni loo mntu unithume kum nithi:

[16]Utsho uNdikhoyo ukuthi: Niyabona, le ndawo ndiza kuyizisela isithwakumbe kunye nabantu bayo, ngokwamazwi onke abhaliweyo kule ncwadi ayifundileyo ukumkani wakwaJuda.

[17]Kaloku bona bandilahlile, basuka benza iziqhumiso, besenzela thixo bambi, nto leyo iwuxhokonxileyo umsindo wam. Ewe, umsindo wam soze uthothe mayela neli lizwe; kaloku abantu balo basuke baxabisa imifanekiso abayenze ngezandla zabo.

[18]Mxeleleni ukumkani wakwaJuda onithume ukuba nize kubuzisa kuNdikhoyo nithi: La ngamazwi athethwe nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngokunxulumene namazwi owevileyo.

[19]Ke ngenxa yokuba wena uhlabekile, waza wazithoba kum wakuweva amazwi endawathethayo ngokubhekiselele kule ndawo nabantu bayo, xa ndandisithi baqalekisiwe, futhi le ndawo iya kwenziwa

maldição, e indignado rasgaste as vestes, pranteando teu arrependimento diante da minha pessoa, também Eu te ouvi, diz Yahweh, o SENHOR!

[20] Por isso, Eu te recolherei para junto de teus antepassados, e encontrarás descanso e paz em tua sepultura, e os teus olhos não contemplarão o severo castigo que enviarei sobre este povo e lugar.' Logo em seguida, aqueles emissários deram início à viagem de volta, levando a resposta ao rei.

2 Reis 23

Josias ajunta todo o povo e renova o pacto do Senhor

[1] Então o rei mandou reunir junto de si todos os anciãos e autoridades de Judá e de Jerusalém.

[2] O rei dirigiu-se ao templo do SENHOR, acompanhado de todos os homens de Judá, os moradores de Jerusalém, os sacerdotes, os profetas e todo o povo, dos mais jovens e simples aos mais idosos e influentes cidadãos; e leu com grande voz diante deles, todas as palavras do Livro da Aliança, que tinha sido achado na Casa de Yahweh.

[3] Então, o rei colocou-se em pé junto à coluna e celebrou uma nova aliança com o SENHOR, comprometendo-se a seguir Yahweh e a obedecer de todo o coração e de todo o entendimento aos seus mandamentos, aos seus preceitos e aos seus decretos, confirmando assim as Palavras da Aliança escritas naquele Livro. E, da mesma forma, todo o povo firmou compromisso com essa Aliança.

ibe yinkangala, wena ke ngenxa yokuba usuke walila wazikrazula izambatho zakho, mna Ndikhoyo ndithi ndikuvile.

[20]Ngoko ke ndiya kukubuyisela kooyihlo, ungcwatywe ngoxolo. Awakho amehlo akasayi kusibona isithwakumbe endiza kusithoba phezu kweli lizwe.' ” Loo mpendulo ke bâya kuyixelela ukumkani.

2 Yookumkani 23

UJosiya uhlaziya umnqophiso

(2 Gan 34:3-7,29-33)

[1]Ke ukumkani uJosiya wawaqokelela onke amadoda amakhulu akwaJuda nawaseJerusalem.

[2]Wahamba waya endlwini kaNdikhoyo kunye namadoda akwaJuda, nabantu baseJerusalem, ababingeleli nabashumayeli. Ewe, waqokelela umntu wonke, eqalela komncinci aye komdala. Wabafundela onke amazwi encwadi yomnqophiso, leyo yayifunyenwe endlwini kaNdikhoyo.

[3]Ukumkani wema ngasentsikeni, wawuhlaziya umnqophiso kunye noNdikhoyo, ethembisa ukulandela uNdikhoyo, ayithobele imiyalelo, imiqathango, nemimiselo yakhe, oko ekwenza ngomxhelo wakhe wonke, ngokwamazwi aloo mnqophiso wawubhalwe apho encwadini. Nabantu ke bathembisa bazibophelela apho emnqophisweni.

[4] O rei também ordenou que o sumo sacerdote Hilquias, os sacerdotes da segunda ordem e os guardas da entrada retirassem da Casa de Yahweh todos os objetos que tinham sido feitos em adoração e homenagem aos deuses Baal, Aserá e à multidão de astros chamados de exércitos celestes, e os queimou fora de Jerusalém, nos campos de Cedrom, e levou as cinzas deles para Betel.

[5] Destituiu todos os falsos sacerdotes, homens pagãos que os próprios reis de Judá haviam nomeado para queimarem incenso sagrado sobre os altares idólatras das colinas nas cidades de Judá e ao redor de Jerusalém, como também os que queimavam incenso a Baal, ao sol, à lua, aos planetas e a todo exército do céu.

[6] Também tirou da Casa do SENHOR o poste idólatra e sagrado, que mandou levar para fora de Jerusalém até o vale de Cedrom, no qual o queimou e o reduziu a cinzas, que lançou sobre as sepulturas do povo.

[7] Da mesma forma derribou os aposentos dos prostitutos religiosos, conhecidos como sodomitas, e que ficavam nas dependências do templo do SENHOR, local onde as mulheres trabalhavam tecendo as roupas usadas nos cultos de adoração à deusa Aserá.

[8] Josias ainda mandou trazer os sacerdotes das cidades de Judá e, desde Geba até Berseba, desonrou os altares idólatras junto às portas, inclusive o altar da entrada da

[4]Ukumkani wayalela umbingeleli omkhulu uHilekiya, nababingeleli abanganeno kwakhe, nabagcini-mnyango, ukuba bazisuse apho endlwini kaNdikhoyo zonke izinto ezazenzelwe uBhali noAshera neenkwenkwezi. Zonke ezo zinto wazitshisela ngaphandle kweJerusalem kwezo ntili zeKedron; ke lona uthuthu waluthatha walusa eBhetele.

[5]Wabadenda abo babingeleli banqula izithixo, abo babemiselwe ngookumkani bakwaJuda ukuze benze iziqhumiso kwiindawo eziphakamileyo zonqulo kwiidolophu zakwaJuda, nakwezo zingqonge iJerusalem. Abo ke babesenzela uBhali iziqhumiso, besenzela ilanga, inyanga, nazo zonke iinkwenkwezi ezisesibhaka-bhakeni.

[6]Intsika ka-Ashera wayincothula endlwini kaNdikhoyo, wayisa kwintili yeKedron ngaphandle kweJerusalem, wayitshisela khona. Wayisila yaluthuli, waza olo thuli lwayo walusarhaza phezu kwamangcwaba abantu.

[7]Wawachitha amagumbi awayehlala amahenyu apho endlwini kaNdikhoyo, apho abafazi babezalukela khona iimpahla zika-Ashera.

[8]UJosiya wabaqokelela bonke ababingeleli kwiidolophu zakwaJuda, waza wazibhangisa iindawo eziphakamileyo zonqulo, eqalela eGebha, wathi xhaxhe ngeBheshebha, ndawo ezo babeqhumisa

porta de Josué, o governador da cidade, que fica à esquerda da porta da cidade.

kuzo ababingeleli abo. Wazidiliza izibingelelo emasangweni phaya, ekungeneni kwisango likaYoshuwa unolali elingasekhohlo kwisango lesixeko.

9 Embora os sacerdotes dos altares não servissem no altar de Yahweh em Jerusalém, comiam pães sem fermento junto com os sacerdotes, seus colegas.

9Nangona ababingeleli beendawo eziphakamileyo zonqulo babengasebenzi kwiqonga likaNdikhoyo eJerusalem, kodwa babesitya isonka esinganyuswanga kunye noogxa babo abangababingeleli.

10 De igual modo profanou Tofete, o lugar pagão de adoração, que ficava no vale de Ben-Hinon, e a destruição foi de tal ordem que ninguém mais conseguiu sacrificar ali seus filhos e filhas, queimando-os em adoração ao deus Moloque, como era costume se fazer.

10UJosiya wayibhangisa iTofeti eyayikwintili yeBhen-hinom, ukuze ingabi sasetyenziselwa ukwenzela uMoleki amadini ngabantwana.

11 Exterminou todos os cavalos, que os reis de Judá tinham consagrado ao deus sol, e que ficava na entrada da Casa de Yahweh, próximo da sala de um oficial chamado Natã-Meleque. Também queimou todas as carruagens dedicadas ao culto do sol.

11Apho esangweni elingena endlwini kaNdikhoyo wawasusa loo mahashe ayenikezelwe ngookumkani bakwaJuda elangeni. Ayesenkundleni ngakwigumbi legosa ekwakuthiwa nguNatan-meleki. Neenqwelo ezazinikezelwe kwilanga wazitshisa.

12 Derrubou os altares que os seus antecessores haviam edificado no terraço, em cima do quarto superior de Acaz, e os altares que Manassés havia construído nos dois pátios do templo do SENHOR. Depois de despedaçá-los, mandou que fossem tirados dali e jogou o entulho no ribeiro de Cedrom.

12Wawadiliza amaqonga awayakhiwe ngookumkani bakwaJuda ngaphezu kwegumbi eliphezulu lika-Ahazi, kunye naloo maqonga wawakhayo uManase kwiinkundla zombini zendlu kaNdikhoyo. Ewe, wawasusa wawadiliza ayimvuthuluka yenkunkuma awayiphosa kwintili yeKedron.

13 O rei desonrou também os altares das colinas, conhecidos como lugares altos, situados a Leste de Jerusalém, ao Sul do monte das Oliveiras, também chamado de monte da Destruição e monte do Pecado, os quais Salomão, o próprio rei de Israel, tinha

13Ke kaloku ukumkani wazixabhela neendawo eziphakamileyo zonqulo ezazikwimpuma yeJerusalem, ngezantsi kwenduli yomonakalo, ezo uSolomon ukumkani wamaSirayeli wayezakhele uAshtoreti isikizi lesithixokazi samaSidon,

mandado construir em homenagem a Astarote, o abominável deus dos sidônios, a Quemos, o abominável deus dos moabitas, e a Milcom, o abominável deus dos amonitas.

neendawo eziphakamileyo zonqulo zikaKemoshe, isikizi lesithixo samaMowabhi, nesikaMilikom isikizi lesithixo sama-Amon.

14 Semelhantemente, o rei Josias mandou fazer em pedaços as colunas ao deus Baal e derrubou todos os postes-ídolos consagrados à deusa Aserá; e profanou os lugares onde estavam enchendo-os com ossos humanos.

14UJosiya wazaphula iintsika zamatye, waza wazigawula iintsika zika-Ashera, waza ezo ndawo zazo wazigquma ngamathambo abantu.

O altar de Betel é profanado e derribado

15 Josias também derrubou o altar que ficava em Betel e o altar construído sob as ordens de Jeroboão, filho de Nebate, que havia conduzido Israel ao erro e ao pecado. Ele queimou o altar, reduzindo-o a pó, e queimou o poste-ídolo.

15Walidiliza neqonga eliseBhetele, loo ndawo yonqulo yayenziwe nguJerobhowam unyana kaNebhati, lowo walukuhlela amaSirayeli esonweni, konke nje wakutshabalalisa, loo ndawo yonqulo wayitshisa wayisila yaluthuli, ngokunjalo nentsika ka-Ashera wayitshisa.

16 Contemplando o seu redor, Josias observou as sepulturas que estavam ali no monte; mandou tirar delas os ossos, e os queimou sobre o altar pagão, e assim o contaminou e o desonrou, segundo a Palavra de Yahweh proclamada pelo homem de Deus que predisse tudo quanto estava acontecendo.

16UJosiya wakhangela ngapha nangapha waza wabona amangcwaba awayelapho kwelo thambeka, wathi makakhutshwe kuwo amathambo, waza wawatshisela eqongeni ukulixabhela ngokwelizwi likaNdikhoyo elavakaliswa ngumfo wakwaThixo owazixelayo kwangaphambili ezo zinto.

17 Então o rei indagou: “Que monumento é este que vejo?” E os homens da cidade lhe contaram: “É a sepultura do homem de Deus que veio de Judá e profetizou tudo quanto acabas de realizar contra este altar de Betel!”

17Ukumkani wathi: “Elaa litye lengcwaba ndilibonayo lelikabani?” Amadoda eso sixeko athi kuye: “Eliya lingcwaba lomfo wakwaThixo owayevela kwaJuda, waza waxela ezi zinto uzenzileyo mayela neli qonga laseBhetele.”

18 Então Josias ordenou: “Deixai-o como está; ninguém toque em seus ossos!” E os homens da cidade deixaram os seus ossos como estavam, juntamente com os do profeta que tinha vindo de Samaria.

18Wathi: “Liyekeni ke; makungaze kubekho mntu uwachukumisayo amathambo akhe.” Ngoko ke bawayeka amathambo akhe kunye nalawo omshumayeli owayevela eSamariya.

[19] Também tirou Josias todos os santuários dos altos que havia nas cidades de Samaria e que os reis de Israel tinham erguido para provocarem o SENHOR à ira; e lhes fez segundo todos os atos que tinha praticado em Betel.

[20] E Josias mandou executar todos os sacerdotes daqueles altares idólatras das colinas, onde também queimou ossos humanos; logo em seguida, retornou a Jerusalém.

A celebração da Páscoa

[21] Deu ordem o rei a todo o povo, anunciando: "Celebrai o sacrifício de Pêssah, Páscoa, a Yahweh, o Eterno, vosso Deus, exatamente como está escrito neste Livro da Aliança!"

[22] Ora, não se celebrava a Páscoa desde quando os juízes julgavam sobre Israel, nem durante o tempo dos reis de Judá.

[23] Esta Páscoa foi celebrada a Yahweh, o SENHOR, em Jerusalém, no décimo oitavo ano do reinado do rei Josias.

[24] Além de tudo, o rei Josias exterminou todos os médiuns, pessoas que se dedicavam a consultar espíritos desencarnados, os ídolos da família, e tantos outros ídolos, cultos e expressões místicas pagãs que campeavam em Judá e em Jerusalém naquela época. E o rei agiu dessa maneira e com esse rigor em cumprimento às exigências da Torá, a Lei, escritas no Livro

[19]Kwanjengoko wenzayo eBhetele uJosiya wazisusa wazixabela zonke izibingelelo ezindaweni eziphakamileyo zonqulo, ezo zazakhiwe ngookumkani bakwaSirayeli kwiidolophu zaseSamariya, nto leyo eyawuxhokonxayo umsindo kaNdikhoyo.

[20]UJosiya wababulalela apho emaqongeni bonke ababingeleli bezo ndawo zonqulo, watshisa amathambo omntu kuloo maqonga. Waza ke wabuyela eJerusalem.

UJosiya umisela iPasika kwakhona

(2 Gan 35:1-19)

[21]Ke kaloku ukumkani wabanika umyalalelo bonke abantu othi: "Yenzani iPasika kaNdikhoyo uThixo wenu njengoko kubhaliweyo kule ncwadi yomnqophiso."

[22]IPasika le ke yayingazange yenziwa, kwaukususela kwimihla yeenkokheli ezazikhokela uSirayeli, ingazange yenziwa nakwimihla yookumkani bakwaSirayeli, ngokunjalo nakweyâbo bakwaJuda.

[23]Kambe ke ngonyaka weshumi elinesibhozo kakumkani uJosiya yabhiyozelwa iPasika kaNdikhoyo eJerusalem.

Eminye imisebenzi kaJosiya

[24]Ngaphezu koko ke uJosiya wazibhangisa zonke izangoma namagqirha, nayo yonke imilonde-khaya nemifanekiso ezizithixo, nazo zonke izinto ezingamasikizi ezazifumaneka ezweni lakwaJuda naseJerusalem. Yonke ke loo nto wayenza efezekisa imiqathango yomthetho eyayibhalwe kuloo ncwadi yayifunyenwe ngumbingeleli uHilekiya endlwini kaNdikhoyo.

que o sacerdote Hilquias havia descoberto na Casa de Yahweh, o templo do SENHOR.

25 Nem antes nem depois do rei Josias houve um governador como ele, que se voltasse para Yahweh, o SENHOR, de todo o coração, de toda a alma e com todas as suas forças, em conformidade com tudo o que ensina a Torá, a Lei de Moisés.

26 Contudo, o SENHOR não desistiu do furor de seu santo e grande juízo contra Judá por causa de todas as provocações com que Manassés o havia insultado.

27 Então determinou o SENHOR: "Eis que Eu também expulsarei Judá da minha presença, assim como expulsei e rejeitei esta cidade de Jerusalém que escolhi para meu deleite, como também o templo do qual Eu prometi: "O meu Nome permanecerá ali para sempre!"

28 O restante da história do rei Josias, tudo o que fez, não está, porventura, escrito no livro dos registros históricos dos reis de Judá?

29 Durante o reinado de Josias, o Faraó Neco, rei do Egito, atacou o rei da Assíria, no rei Eufrates. Então o rei Josias marchou para combatê-lo, mas o Faraó Neco conseguiu matá-lo assim que o avistou no campo de batalha em Megido.

30 Seus oficiais transportaram morto em seu carro real de guerra, de Megido até Jerusalém e o sepultaram no seu jazigo de família. E o povo da terra aclamou Jeoacaz,

25Ngaphambili nasemva kwakhe uJosiya wayengazange abekho, engaphindanga wakhona, ukumkani owayezinikezele kuNdikhoyo njengaye, loo nto eyenza ngomxhelo wakhe uphela, nangamandla akhe, njengoko usitsho umthetho kaMosis.

26Nakuba kunjalo ke kodwa, yena uNdikhoyo akajikanga kwingcwangu yomsindo wakhe owawuvutha ngakuJuda, ngenxa yezinto awayemxhokonxe ngazo uManase.

27Ngoko ke uNdikhoyo wathi: "Ndiza kumgxotha phambi kwam uJuda kwanjengoko ndenzayo kuSirayeli; ewe, ndoyibukula iJerusalem, isixeko endasinyulayo, nditsho nkqu nayo le ndlu endandithethe ngayo ndathi: 'Lohlala kuyo igama lam.' "

28Ke zona ezinye zeziganeko zolawulo lukaJosiya, nayo yonke imizabalazo yakhe, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

Ukufa kukaJosiya

(2 Gan 35:20-27)

29Ke kaloku ngaloo mihla kakumkani uJosiya ukumkani waseJiputa uNeko wanyuka waya kuncedisa ukumkani waseAsiriya ngakumlambo iEfrati. Ukumkani uJosiya waphuma nomkhosi wakhe wamhlangabeza. Kodwa ke uNeko lowo wagagana naye eMegido, wamosela wafa.

30Ke amaphakathi akhe awuthatha umzimba kaJosiya apho eMegido, awuthwala ngenqwelo, aya nawo eJerusalem, afika amfaka engcwabeni

filho de Josias, ungiram-no e o proclamaram rei em lugar de seu pai.

Joacaz reina e é levado cativo para o Egito

[31] Jeoacaz tinha vinte e três anos quando deu início ao seu governo, e reinou apenas durante três meses em Jerusalém. Sua mãe se chamava Hamutal bat Irmiáhu, Hamutal, filha de Jeremias, de Libna.

[32] Ele, entretanto, fez o que era mau segundo o ponto de vista do SENHOR, da mesma forma que seus maus antepassados fizeram.

[33] O Faraó Neco mandou prendê-lo em Ribla, na terra de Hamate, para que não reinasse em Jerusalém; e exigiu da nação um imposto de três toneladas e meia de prata e trinta e cinco quilos de ouro.

[34] O Faraó Neco também constituiu Eliaquim, filho de Josias, rei em lugar de seu pai Josias, e mudou o seu nome para Jeoaquim. Mas levou consigo Jeoacaz ao Egito, onde morreu.

[35] Jeoaquim pagou ao Faraó toda a prata e o ouro exigidos, mas teve de criar impostos na terra a fim de honrar o tributo instituído pelo Faraó, e, portanto, exigiu também prata e ouro de cada cidadão, conforme as suas posses.

lakhe. Abemi belizwe ke bathatha uYowahazi unyana kaJosiya, bamthambisa bammisela wangukumkani esikhundleni sikayise.

UYowahazi ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 36:2-4)

[31]Ukuqala kwakhe ukulawula uYowahazi wayeneminyaka emashumi mabini anantathu, walawula apho eJerusalem iinyanga zantathu. Unina yayinguHamutali intombi kaJeremiya okhaya laliseLibhena.

[32]Naye wathatha ikhondo looyise-mkhulu ngokwenza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

[33]Ukumkani waseJiputa uNeko wamkhonkxa ngamatyathanga eRibhela, umhlaba waseHamati, waza ke akabi nako ukulawula apho eJerusalem. Kananjalo uJuda wammisela irhafu yeekhilogram zesiliva ezimawaka mathathu makhulu mane, kunye neekhilogram zegolide ezimashumi mathathu anane.

[34]Ke kaloku ukumkani waseJiputa uNeko lowo wathatha unyana kaJosiya uEliyakim wammisela wangukumkani esikhundleni sikayise, igama lakhe elo walijika wathi nguJoyakim. Ke yena uYowahazi wamfudusela eJiputa, apho wafela khona.

[35]UJoyakim wayeyikhupha loo siliva naloo golide yayimiselwe ngukumkani waseJiputa. Loo mrhumo ke wawukhupha ngokurhafisa abantu belizwe lakhe, bekhupha isiliva negolide ngokwezinto abanazo.

UJoyakim ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 36:5-8)

[36] Jeoaquim tinha vinte e cinco anos quando começou a reinar e governou onze anos em Jerusalém; sua mãe chamava-se Zevudá bat Pedaiá, Zebida, filha de Pedaías, da cidade de Ruma.
[37] Mas ele também fez o que era mau diante dos olhos SENHOR, conforme tudo o que seus antepassados haviam feito.

2 Reis 24

[1] Durante o governo de Jeoaquim, Nabucodonosor, rei da Babilônia, invadiu a nação, e Jeoaquim foi obrigado a tornar-se seu vassalo por três anos. Ao final desse tempo, Jeoaquim arrependeu-se de sua decisão e rebelou-se contra Nabucodonosor.

[2] Então o SENHOR mandou tropas dos babilônios, dos sírios, dos moabitas e dos amonitas contra Jeoaquim , e as enviou contra Judá, com o objetivo de o aniquilarem, de acordo com tudo o que a Palavra do SENHOR já havia antecipado por intermédio de seus servos os profetas.
[3] Em realidade, foi por ordem expressa do SENHOR que todos esses fatos ocorreram contra Judá, para expulsá-lo da sua presença por causa de todas as maldades e pecados cometidos por Manassés,

[4] bem como devido ao sangue inocente que ele derramou em abundância, porquanto inundou Jerusalém de sangue sem culpa; e por isso o SENHOR decidiu não perdoá-lo.

[5] Os demais atos do rei e acontecimentos do governo de Jeoaquim e todas as suas

[36]UJoyakim waqalisa ukulawula eneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina yayinguZebhida intombi kaPedaya waseRuma.

[37]Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo; naye wathatha ikhondo looyise-mkhulu.

2 Yookumkani 24

[1]Ngexesha lolawulo lukaJoyakim, ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli walihlasela elakwaJuda, waza uJoyakim waba phantsi kwakhe iminyaka emithathu. Phofu ke uJoyakim wabuya wamvukela uNebhukadenezare lowo.
[2]Kambe ke uNdikhoyo wamthumelela ngeentshaba ezamhlaselayo, ingamaKaledi, nama-Aram,namaMowabhi, nama-Amon. Ezo ntshaba zazikho ukuze zimtshabalalise uJuda, ngokwelizwi likaNdikhoyo elavakaliswa zizicaka zakhe abashumayeli.

[3]Ewe, ezi zinto uJuda zamhlela ngokomyalelo kaNdikhoyo, ukuze amgxothe phambi kwakhe ngenxa yezono nazo zonke izenzo ezazenziwe nguManase,

[4]ndawonye nelo gazi limsulwa waliphalazayo. Kaloku iJerusalem wayizalisa ngegazi labamsulwa, ngoko ke uNdikhoyo wayengazimiselanga ukumxolela.
[5]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaJoyakim, kunye nemisebenzi yakhe

realizações estão escritos no Livro das Crônicas dos Reis de Judá.

6 Jeoaquim adormeceu com os seus antepassados. Seu filho Joaquim foi o seu sucessor.

7 O rei do Egito jamais se atreveu a enviar seus exércitos para além de suas próprias fronteiras, pois o rei da Babilônia havia ocupado todo o território que outrora havia pertencido ao Egito, desde o rio Eufrates até a fronteira norte do Egito.

O princípio do cativeiro de Judá

8 Joaquim tinha dezoito anos de idade quando se tornou rei de Judá. Ele governou três meses em Jerusalém. A mãe dele se chamava Nehushta bat Elnatan, Neústa, filha de Elnatã, da cidade de Jerusalém.

9 Fez ele o que era intolerável pelo SENHOR, praticando tudo quanto de mau praticou seu pai.

10 Naquela ocasião os oficiais de Nabucodonosor, rei da Babilônia, marcharam até Jerusalém e a sitiaram.

11 Enquanto os seus oficiais a cercavam, o próprio Nabucodonosor veio à cidade.

12 Então Joaquim, rei de Judá, sua mãe, seus conselheiros, seus nobres e seus servos se entregaram; todos se renderam a ele. Assim, no oitavo ano do reinado do rei da Babilônia, Nabucodonosor tomou Joaquim e seu povo e os levou como prisioneiros.

13 Conforme o SENHOR havia previsto, o invasor retirou todos os tesouros da Casa de Yahweh e do palácio real, destruindo todos os utensílios sagrados de ouro que Salomão,

nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda.

6UJoyakim waya kuphumla kooyise. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uJoyakin.

7Ukumkani waseJiputa akaphindanga aphume elizweni lakhe aye kuhlasela, kuba kaloku ukumkani waseBhabheli wawuthatha wonke umhlaba wakhe ukuqalela kumda waseJiputa kuye kuthi xhaxhe ngomlambo iEfrati.

UJoyakin ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 36:9-10)

8UJoyakin waqala ukulawula eneminyaka elishumi elinesibhozo, waza walawula eJerusalem iinyanga ezintathu. Unina yayinguNehushta intombi kaElinatan waseJerusalem.

9Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo kwanjengooyise.

10Ngelo xesha ke iingqwayi-ngqwayi zomkhosi zikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli zahlasela iJerusalem zayingqinga,

11waza ke nokumkani uNebhukadenezare weza ngokwakhe apho eJerusalem, ngoko ingqingiweyo ngumkhosi wakhe.

12Ke ukumkani wakwaJuda uJoyakin kunye nonina, nezicaka zakhe, izikhulu namagosa akhe, bebonke bazinikezela kukumkani waseBhabheli. Ke kaloku kwathi kunyaka wesibhozo elawula ukumkani waseBhabheli wamthimba walibanjwa uJoyakin.

13Ke kaloku ngokomlomo kaNdikhoyo uNebhukadenezare wabufudusa bonke ubutyebi endlwini kaNdikhoyo nakoovimba basebhotwe, wazinqunqa zonke ezo zinto

rei de Israel, mandara moldar para uso no templo do SENHOR.

[14] Conduziu para o exílio toda Jerusalém: todos os anciãos, líderes e homens de combate, todos os artistas, artesãos e artífices. Era um total de dez mil pessoas; só restaram os mais pobres e doentes.

[15] Nabucodonosor levou prisioneiro Joaquim para a Babilônia. Também levou de Jerusalém para a Babilônia as esposas do rei, sua mãe, seus oficiais, conselheiros e todas as autoridades do país.

[16] O rei da Babilônia também levou cativo para a Babilônia toda a força militar de Judá, composta de sete mil homens preparados para a guerra, homens fortes e treinados, além de mil artífices e artesãos.

[17] Obrigou Matanias, tio de Joaquim, reinar em seu lugar e mudou seu nome para Tsidkiáhu, Zedequias.

Zedequias reina e é levado, com o seu povo, cativo para Babilônia

[18] Tinha Zedequias a idade de vinte e um anos quando começou a reinar e governou onze anos em Jerusalém. Sua mãe se chamava Hamutal e era filha de Jeremias, de Libna.

[19] Ele praticou o que o SENHOR reprova, tal como fizera Jeoaquim.

[20] Entretanto, foi devido ao juízo severo e a ira do SENHOR que tudo isso aconteceu ao povo de Jerusalém e de Judá; finalmente foram todos expulsos da sua presença. Até que, depois de certo tempo, o rei Zedequias

zegolide ezazenzelwe indlu kaNdikhoyo ngukumkani uSolomon wakwaSirayeli.

[14]Xa iyonke iJerusalem wayithimba: onke amaphakathi namadoda omkhosi, iingcibi namagcisa, bebonke yayilishumi lamawaka. Kuphela kwasala abona bantu bangamahlwempu kwaJuda.

[15]UNebhukadenezare wathimba uJoyakin waya naye eBhabheli.Kananjalo wafudusela apho eBhabheli unina kakumkani, nabafazi bakakumkani, namagosa akhe, kunye namadoda aphambili elizweni.

[16]Waya nawo eBhabheli wonke umkhosi – amawaka asixhenxe amadoda, nditsho amagorha, izinto ezilindele umayenzeke – kunye newaka leengcibi namagcisa.

[17]Ke ukumkani waseBhabheli wamisela uMataniya uyisekazi kaJoyakin wangukumkani esikhundleni sikaJoyakin. Igama lakhe elo lona walijika wathi nguZedekiya.

UZedekiya ukumkani wakwaJuda

(2 Gan 36:11-12; Jer 52:1-3a)

[18]Ukuqala kwakhe ukuba ngukumkani uZedekiya wayeneminyaka emashumi mabini ananye, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina yayinguHamutali intombi kaJeremiya waseLibhena.

[19]KwanjengoJoyakim naye wenza ububi emehlweni kaNdikhoyo.

[20]Kungenxa yengqumbo kaNdikhoyo ukuba uJuda neJerusalem bahlelwe yile ntlekele, bade ekugqibeleni ke bagxothwa phambi kwakhe.

Ukuwa kweJerusalem

(2 Gan 36:13-21; Jer 52:3b-11)

promoveu uma revolução contra o rei da Babilônia.

2 Reis 25

[1] Aconteceu que, no nono ano do reinado de Zedequias, no dia dez do décimo mês, Nabucodonosor, rei da Babilônia, atacou Jerusalém com todo o seu exército e a sitiou; construiu rampas de ataque ao redor de toda a cidade.

[2] Assim, Jerusalém foi mantida sob forte cerco militar inimigo até o décimo primeiro ano do reinado de Zedequias.

[3] No nono dia do quarto mês, a fome em toda a cidade havia se tornado tão severa que não havia absolutamente mais nada com que o povo pudesse se alimentar.

[4] Então a muralha da cidade foi rompida, e todos os soldados fugiram durante a noite pelo caminho da porta entre os dois muros, a qual estava junto ao jardim do rei, porque os babilônios sitiavam a cidade toda em toda a volta e o rei fugiu em direção ao Arabá, o vale do Jordão.

[5] Mas o exército dos babilônios perseguiu o rei e o alcançou nas campinas de Jericó; contudo todo o exército se dispersou.

[13] Assim, Salomão saiu do alto de Gibeom, da Tenda do Encontro da Congregação, e retornou a Jerusalém, de onde reinou sobre todo o Israel.

[7]Ngobo busuku uThixo wabonakala kuSolomon, wathetha naye wathi: "Cela nantoni na ofuna ndikuphe yona."

[8]USolomon ke uphendule uThixo wathi: "Umenzele ububele obukhulu ubawo uDavide, waza nam lo wandenza ukumkani esikhundleni sakhe.

[9]Ngoku ke, Ndikhoyo Thixo wam, idinga owalimilisela ubawo uDavide khawuncede ulibethelele lifezeke, kuba kaloku undenze ukumkani wenyambalala engaka yabantu abaninzi njengothuli lomhlaba.

[10]Ke mna ndiphe ubulumko nokuqonda ukuze ndikwazi ukubakhokela aba bantu; kaloku akukho mntu unganako ngokwakhe ukuyilawula le ngginginya yabantu bakho."

[11]UThixo ke uthe kuSolomon: "Ngenxa yokuba lo ke ingumnqweno wentliziyo yakho, ungacelanga butyebi, nabunhanha, okanye ubuhandiba, ungatsho nokuba manditshabalalise iintshaba zakho, ewe, awucelanga nabomi bude, koko ucele ubulumko nokuqonda ukuze ube nako ukulawula abantu bam endikwenze ukumkani wabo,

[12]ngoko ke ndiza kukunika ubulumko nokuqonda, kananjalo ndikuthi jize ngobutyebi nobunhanha, ube sisihandiba sokumkani ekungekho wumbi wakha wanjengawe ngaphambili, engayi kubakho nasemva kwakho."

Iinqwelo zokulwa zikaSolomon
(1 Kum 10:26-29)

[13]Ke uSolomon waya eJerusalem ukusuka kwakhe apho kwindawo ephakamileyo yonqulo eGibheyon, apho phambi kwaloo ntente yesibingelelo. Waza ke wamlawula uSirayeli.

[14] Então Salomão juntou carros e cavaleiros; chegando a possuir mil e quatrocentos carros e doze mil cavaleiros. E os posicionou uma parte nas guarnições de algumas cidades e a outra próxima de si, em Jerusalém.

[15] O rei tornou o ouro e a prata tão comuns como as pedras em Jerusalém, e o cedro tão farto quanto as figueiras bravas que crescem em grande número na Shefelá, a faixa de terra que separa a planície costeira das montanhas.

[16] Os cavalos de Salomão eram trazidos do Egito e da Cilícia, onde os fornecedores do rei os compravam.

[17] Importavam do Egito cada carro pelo preço equivalente a sete quilos e duzentos gramas de prata, e um cavalo por um quilo e oitocentos gramas, e os exportavam para todos os reis dos hititas e da Síria.

2 Crônicas 2

Salomão pede a Hirão, rei de Tiro, que o ajude na construção do templo

[1] Então, chegou o dia em que Salomão deu ordens para o início da construção de um templo em honra a Yahweh, o Nome do SENHOR e de um palácio para si mesmo.

[2] Ele destacou setenta mil homens para servirem como carregadores, oitenta mil como cortadores de pedras nas colinas e três mil e seiscentos como mestres de obra e supervisores.

[14]USolomon waqokelela iinqwelo namahashe; ishumi elinesine lamakhulu eenqwelo, neshumi elinesibini lamawaka amahashe; zinto ezo wazigcina kwizixeko zeenqwelo, ezinye ke wazigcina kwakumkani eJerusalem.

[15]Ukumkani lo ke isiliva negolide wayiqokelela eJerusalem yaninzi njengamatye, umthi womsedare wamninzi njengomthombe esihlanjeni.

[16]USolomon amahashe wayewathenga eJiputa naseKewe. Abarhwebi bakomkhulu babewathenga eKewe ngexabiso ekuvunyelwene ngalo.

[17]Babethenga iinqwelo eJiputa, ixabiso layo nganye liziisiliva ezimakhulu mathandathu, nehashe ngeesiliva ezilikhulu elinamashumi amahlanu. Kananjalo babewathengisa kookumkani bamaHiti nabama-Aram.

2 Yeziganeko 2

Amalungiselelo okwakha indlu kaThixo

(1 Kum 5:1-18)

[1]Ke kaloku uSolomon wazimisela ukwakhela igama likaNdikhoyo indlu, kunye nelakhe ibhotwe.

[2]Wamisa amadoda angamawaka angamashumi asixhenxe ukuze athwale izinto zokwakha, namanye angamashumi asibhozo amawaka awayeza kuqingqa amatye ezindulini phaya, kunye neenduna ezingamawaka amathathu anamakhulu amathandathu.

[3] E Salomão mandou a seguinte mensagem a Hirão, rei de Tiro: "Sê generoso comigo como foste com meu pai Davi, e manda-me também cedros como enviaste a ele, a fim de que construísse seu palácio residencial.

[4] Eis que resolvi edificar uma Casa para o Nome de Yahweh, o SENHOR, meu Deus e consagrá-la para queimar incenso sagrado e aromático diante dele, apresentar continuamente o pão consagrado, da proposição, e oferecer os holocaustos da manhã e da tarde, nos sábados, nas luas novas e nas festas fixas de Yahweh nosso Deus. Isto é obrigação perpétua de Israel.

[5] Portanto, a Casa que vou construir será grande, porque nosso Deus é maior do que todos os deuses.

[6] Entretanto, quem pode construir-lhe uma Casa, considerando que nem o céu nem o céu dos céus podem contê-lo? E quem sou eu para lhe edificar uma Casa, a não ser que esta sirva para queimar incenso santo e agradável diante dele?

[7] Agora, pois, envia-me um artesão habilidoso no trabalho de arte em ouro, prata, bronze, ferro, e tecido púrpura, vermelho-carmesim e azul-violeta, e que seja experiente em fazer esculturas, para se juntar ao grupo de especialistas que me servem em Judá e em Jerusalém, os quais meu pai Davi escolheu.

[8] Também manda-me do Líbano madeira de cedro, de pinho e de sândalo, pois eu sei que

[3]USolomon wathumela umyalezo kukumkani uHiram waseTire, esithi: "Nam khawundithumele izikhuni zomsedare kwanjengoko wenzayo kubawo uDavide ngokuya wayeza kuzakhela ibhotwe.

[4]Ngoku mna ndiza kwakhela igama likaNdikhoyo uThixo wam indlu. Yona ndoyinikela kuye, kuyo kutshiswe iziqhumiso ezivumba limnandi, kusenzelwa yena. Kwalapho kuyo kohlala kubekwa isonka esinikelwa kuye, kwenziwe namadini atshiswayo mihla le kusasa nasemalanga, ngeMihla yokuPhumla, nangamathuba okuthwasa kwenyanga, nangamatheko amisiweyo kaNdikhoyo uThixo wethu. Lowo ke ngummiselo wakwaSirayeli ongasoze waphela.

[5]"Le ndlu ndiza kuyakha iza kuba yimbalasane, kuba uThixo wethu akalingani nathixo ngobukhulu.

[6]Ewe, akukho namntu ungamakhela ndlu; kuba kaloku namazulu, nditsho amazulu asemajuku-jukwini, akanako ukumqulatha. Bendingubani ke mna, ukuba ndide ndimakhele indlu, ngaphandle nje kokuba ndakhe indawo yokutshisa amadini phambi kwakhe?

[7]"Ngoko ke nceda undithumele indoda elichule ngokusebenza ngegolide nesiliva, ubhedu nentsimbi; ichule kumalaphu amsobo, amfusa, naluhlaza; nditsho ingcali yokukrola; ukuze isebenze kwaJuda naseJerusalem ikunye nezam iingcali, ezo zafunwa ngubawo uDavide.

[8]"Kananjalo ndithumele izikhuni zomsedare, ipayini, nom-algumi, kuloo

os teus servos são hábeis em cortar a madeira de lá. Os meus servos trabalharão com o teus,

[9] a fim de me prepararem madeiras em grande quantidade, porquanto é necessário que o templo que haverei de construir seja muito grande e magnífico.

[10] E eu oferecerei como sustento aos lenhadores, teus servos, vinte mil tonéis de trigo, vinte mil tonéis de cevada, dois mil barris de vinho e dois mil barris de azeite."

[11] Hirão, rei de Tiro, mandou a seguinte resposta por escrito a Salomão: "Eis que Yahweh, de fato, ama o seu povo e, por esse motivo, te constituiu rei sobre ele!"

[12] E o rei Hirão acrescentou: "Bendito seja Yahweh, o Deus de Israel! Ele fez os céus e a terra e concedeu ao rei Davi um filho sábio, inteligente e que age com discernimento, a fim de edificar um templo para o SENHOR, e um palácio real para si.

[13] Estou, portanto, enviando agora Hurão-Abi, artesão sábio e muito capaz.

[14] Ele é filho de uma mulher da tribo de Dã, e seu pai, cidadão de Tiro. Ele é experiente na arte de trabalhar com ouro, prata, bronze, ferro, pedras e madeira, e em tecido roxo, azul e vermelho, bem como com o linho fino e capaz de fazer todo tipo de entalhe e escultura. Ele pode executar qualquer projeto que lhe for proposto.

mahlathi aseLebhanon. Kaloku ndiyazi ukuba amadoda akho ziingcali ekugawuleni imithi apho eLebhanon. Amadoda am osebenzisana nawakho,

[9]andilungiselele intaphane yemithi, kuba le ndlu ndiza kuyakha kufuneka ibe nkulu, ibe yinzwakazi.

[10]Izicaka zakho ezigawula imithi ndozinika amawaka amabini eetoni zengqolowa, namawaka amabini eetoni zerhasi, kunye namakhulu amane amawaka eelitha zewayini, namakhulu amane amawaka eelitha zamafutha omnquma."

[11]Ke ukumkani uHiram waseTire waphendula uSolomon ngeleta wenjeje: "Ngenxa yokubathanda kwakhe uNdikhoyo abantu bakhe, umise wena wangukumkani wabo."

[12]Waqhuba uHiram wathi: "Makadunyiswe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli, umenzi wamazulu nehlabathi! Ukumkani uDavide umphe unyana osisilumko, othiwe jize ngengqiqo neliso elibukhali, yena oza kwakhela uNdikhoyo indlu, naye azakhele ibhotwe.

[13]"Ngoko ke ndikuthumelela uHuram-abhi, indoda elichule kunene.

[14]Unina ngowakwaDan, uyise ngumTire. Uqeqeshelwe ukusebenza ngegolide, isiliva, ubhedu, intsimbi, ilitye, nomthi, kanti nangamalaphu elinen amsobo, aluhlaza, namfusa, nditsho nacikizekileyo. Unamava kuwo wonke umsebenzi wokukrola; akukho plani imxakayo. Ke uya kusebenza naloo machule akho kunye nalawo omhlekazi uDavide uyihlo.

Trabalhará com os seus artesãos e com os de meu senhor Davi, teu pai.

15 Agora, pois, envia meu senhor a teus servos o trigo, a cevada, o azeite e o vinho que prometeste,

16 e cortaremos toda a madeira do Líbano necessária, e a faremos flutuar em jangadas pelo mar, descendo até o Jope. De lá poderás transportá-la para Jerusalém!"

17 Salomão ordenou que se fizesse um recenseamento de todos os estrangeiros que viviam em Israel, da mesma maneira que seu pai Davi realizara; e foram contados cento e cinquenta e três mil e seiscentos homens.

18 Então o rei mandou separar setenta mil deles para servirem de carregadores e oitenta mil para cortarem pedras nas colinas, com três mil e seiscentos mestres de obra para supervisionar o trabalho do povo.

2 Crônicas 3

A construção do templo começa

1 Então Salomão começou as obras para construção do Templo do SENHOR, a Casa de Yahweh em Jerusalém, no alto do monte Moriá, onde Yahweh havia aparecido a Davi, seu pai, exatamente na área que Davi providenciara na eira, o terreno de malhar o trigo de Ornã Araúna, o jebuseu.

2 Ele deu início à edificação do templo no segundo dia do segundo mês do quarto ano de seu reinado.

15"Ngoko ke umhlekazi makathumelele izicaka zakhe ingqolowa abethethe ngayo, kunye nerhasi, namafutha omnquma, newayini.

16Ke thina sokugawulela eLebhanon yonke imithi oyifunayo, siyenze iinyanda, siyifake elwandle, idade iyokutsho eJopa. Ke wena woyithatha khona, uyise eJerusalem."

17USolomon wazibala zonke iintlanga ezazihlala apho kwaSirayeli, ngokoluya balo lwalenziwe nguyise uDavide, zafumaneka zingamawaka alikhulu elinamashumi amahlanu anantathu anamakhulu amathandathu.

18Amashumi asixhenxe amawaka kuzo wawamisela ukuthwala izinto zokwakha, amashumi asibhozo amawaka wawamisa angabaqingqi bamatye, aza ke amawaka amathathu anamakhulu amathandathu aziinduna zokujonga ukuba umsebenzi uqhubeke.

2 Yeziganeko 3

USolomon wakha indlu kaThixo

(1 Kum 6:1-38)

1Ke kaloku uSolomon waqalisa ukuyakha indlu kaNdikhoyo eJerusalem kwintaba iMoriya, apho uNdikhoyo wayebonakele khona kuyise uDavide. Kwakuloo ndawo yalungiselelwa nguDavide esandeni sokubhula sika-Aravena umJebhusi.

2Ke ukwakha oko wakuqala ngomhla wesibini kwinyanga yesibini ngonyaka wakhe wesine engukumkani.

[3] Os alicerces que Salomão mandou estabelecer para a construção do templo tinham vinte e sete metros de comprimento e nove metros de largura, considerando a forma antiga de se medir.

[4] O pórtico de entrada do templo media nove metros de largura e nove metros de altura. Salomão mandou revestir de ouro puro todo o seu interior.

[5] Forrou de pinho o átrio principal, revestiu-o de ouro puro e o decorou com obras de artes e ilustrações de tamareiras e correntes.

[6] Decorou todo o templo com pedras preciosas. O ouro utilizado nas obras de arte era trazido da cidade de Parvaim.

[7] Da mesma forma revestiu as vigas e os batentes do templo, e mandou esculpir figuras de querubins nas paredes.

[8] Fez também a sala interna, o Santo dos Santos, com nove metros de comprimento e nove metros de largura, as mesmas medidas da largura do templo. Para revestir as paredes do Lugar Santíssimo foram usados mais de vinte mil quilos de ouro puro.

[9] Os pregos, com aplicações de ouro puro, pesavam seiscentos gramas cada. Salomão ainda revestiu de ouro todos os cenáculos, as salas superiores.

Os dois querubins

[10] Salomão também mandou que se esculpissem duas figuras de querubins em madeira para que ficassem no Santo dos Santos, e os revestiu de ouro puro,

[3]Isiseko sendlu kaThixo eyakhiwe nguSolomon sasiziimitha ezingamashumi amabini anesixhenxe ubude, siziimitha ezilithoba ububanzi.

[4]Ke yona ivaranda phambili phaya yayiziimitha ezilithoba ububanzi, ukuphakama kuziimitha ezingamashumi amahlanu anane. Umphakathi lo ke wona wawutyatyekwe ngegolide.

[5]Igumbi elikhulu laloo ndlu walaleka ngompayini, walityabeka ngegolide, walihombisa ngemifanekiso yamasundu nemixokelelwana.

[6]Ewe, indlu kaThixo wayihombisa ngamatye axabisekileyo. Wayesebenzisa igolide yasePavayim.

[7]Imiqadi, imigubasi, iindonga, neengcango, zonke wazityabeka ngegolide; ezindongeni wakrola izithunywa ezimaphiko.

[8]Walakha negumbi eliyingcwele kangcwele. Ubude balo babulingana nobubanzi bendlu iyonke, liziimitha ezilithoba ubude nobubanzi. Iindonga zalo wazityabeka ngegolide engaphezu kweetoni ezingamashumi amabini.

[9]Izikhonkwane zegolide ezazisetyenziswa zazinobunzima obungamakhulu amahlanu anamashumi asixhenxe eegram. Kananjalo namagumbi aphezulu wawatyabeka kwangegolide.

[10]Ngaphakathi apho kwigumbi eliyingcwele kangcwele wakrola izithunywa ezimaphiko zazibini, wazityabeka ngegolide.

[11] os quais, de asas abertas, mediam juntos nove metros. Cada asa, de dois metros e vinte e cinco centímetros, tocava, de um lado, na parede do templo,

[12] e na outra extremidade, na asa do outro querubim.

[13] Assim as asas destes querubins se estendiam por nove metros, foram postos de pé, em frente ao átrio principal e com os rostos voltados para dentro.

[14] Mandou fazer a o Véu Sagrado, uma cortina pesada, confeccionada em tecido azul, púrpura roxo, vermelho escarlate e linho fino, toda bordada com figuras de querubins.

[15] Ergueu na frente do templo duas colunas que, juntas, tinham cerca de dezesseis metros, cada uma tendo em cima um capitel com dois metros e vinte e cinco centímetros.

[16] Da mesma forma fez guirlandas, correntes, para o Debir, o santuário interior, e mandou que fossem fixadas no alto das colunas, e também mandou esculpir cem grandes romãs para adornar as guirlandas.

[17] Em seguida levantou as colunas na frente do templo, uma ao sul, outra ao norte; à que se ergueu à direita, na parte sul deu-lhe o nome de Iahin, isto é, Ele firma. E à que ficava à esquerda, ao norte chamou Bôaz, isto é, nEle há o poder.

2 Crônicas 4

O altar e o mar de bronze

[1] Salomão, também mandou construir um altar de bronze de nove metros de

[11-12]Iphiko ngalinye lezo zithunywa laliziimitha ezimbini ezinekota ubude balo. Isithunywa ngasinye sasithe naa amaphiko, elinye ke iphiko lirhece udonga lwendlu leyo; kanti ke amabini amaphiko kwezo zithunywa ayerhecana.

[13]Amaphiko ezi zithunywa ayethathe umgama oziimitha ezilithoba. Zazimi ngeenyawo, zikhangele ngaphakathi.

[14]Umkhusane wawenza ngelaphu eliluhlaza, nelimsobo, nelimfusa, waza wawuhombisa ngemifanekiso ethungiweyo yezithunywa ezimaphiko.

Iintsika ezimbini

(1 Kum 7:15-22)

[15]Phambi kwendlu leyo wamisa iintsika ezimbini, nganye kuzo iziimitha ezilishumi elinesihlanu ezinesiqingatha ubude. Intsika nganye yayinentloko ekuphakama kuziimitha ezimbini ezinekota.

[16]Wenza nemixokelelwana ephotheneyo, wayithi cwa kwezo ntloko zezo ntsika. Kuloo mxokelelwano wanxibelela iirharnathi ezilikhulu.

[17]Ezo ntsika wazimisa apho phambi kwendlu kaThixo, enye ngezantsi enye ngasentla. Le ingezantsi kwathiwa nguJakin, le ingentla yona kwathiwa nguBhowazi.

2 Yeziganeko 4

Impahla yendlu kaThixo

(1 Kum 7:23-51)

[1]USolomon wenza iqonga lamadini lobhedu liziimitha ezilithoba ububanzi

comprimento, nove metros de largura e quatro metros e meio de altura.

nobude, liziimitha ezine ezinesiqingatha ukuphakama.

[2] E fez o Mar de fundição, uma piscina de metal fundido, redonda, medindo quatro metros e meio de diâmetro e dois metros e vinte e cinco centímetros de altura. Foi necessário usar um fio de treze metros e meio para medir a sua circunferência.

[2]Wenza nechibi elingqukuva ngobhedu. Laliziimitha ezilishumi elinesithathu nekota xa ulijikeleza.

[3] Ao redor da borda de fora desse tanque de metal, que media treze metros e meio, havia duas carreiras de figuras de touros de bronze, que tinham sido fundidas todas em um só peça junto com o tanque.

[3]Phantsi komphetho lalijikelezwe yimifanekiso yeenkunzi zeenkomo. Ezo nkunzi zaziyimiqolo emibini, ziyinto enye nechibi elo.

[4] O Mar de fundição se apoiava sobre as costas das doze obras de arte em forma de touros de bronze que olhavam para fora: três voltados para o Norte, três para o Oeste, três para o Sul e três para o Leste. O tanque estava fixado sobre os touros, cujas pernas traseiras estavam todas voltadas para dentro.

[4]Eli chibi lalimi phezu kweenkunzi zeenkomo ezilishumi elinambini ezenziwe ngobhedu, ezintathu zikhangele ngasentla, ezintathu zijonge ngasentshona, ezintathu zikhangele ngasezantsi, zaza kananjalo ezintathu zajonga ngasempuma. Ichibi lalithe ngxishi phezu kwazo, izinqe zazo zijonge embindini walo.

[5] A espessura do Mar de fundição era de quatro dedos, e sua borda era como a borda de um cálice, como uma flor de lírio. Sua capacidade era de sessenta mil litros.

[5]Ububanzi balo babulingana nesandla, umphetho walo ufana nowekomityi, kanye oku kwenyibiba edubulayo. Lwalungena iilitha ezingamawaka angamashumi amathandathu.

[6] Fez também dez pias e colocou cinco à direita e cinco à esquerda, para lavar tudo o que pertencia ao sacrifício. Porém o tanque era usado para os sacerdotes se banharem.

[6]Kananjalo wenza nezitya zokuhlambela zalishumi, isihlanu sazo wasibeka kwicala langezantsi, esinye isihlanu wasibeka ngasentla. Apho kuzo kwakuza kuhlanjwa izinto zokwenza amadini atshiswayo; kodwa ke apho echibini kwakuza kuhlamba ababingeleli.

[7] Produziu dez candelabros de ouro, seguindo o que havia sido orientado a respeito deles, e os depositou no templo, cinco à direita e cinco à esquerda.

[7]Wenza neziphatho zezibane zegolide ezilishumi, ezenza ngokwemilinganiselo yazo; waza ke wazibeka apho endlwini kaThixo. Isihlanu

sazo wasibeka kwicala langezantsi, waza esinye isihlanu wasibeka kwicala langasentla.

8 Também construiu dez mesas e as colocou no templo, cinco à direita, no lado Sul e cinco à esquerda, no lado Norte; e fez ainda cem bacias de ouro para aspersão.

8Kwakhona wenza neetafile zalishumi, wazifaka apho endlwini kaThixo, ezintlanu ngasezantsi, ezintlanu ngasentla. Kananjalo wenza neendebe zegolide zokufefa zalikhulu.

9 Edificou ainda o pátio dos sacerdotes, e o pátio grande, e as respectivas portas revestidas de bronze.

9Waza ke wenza nenkundla yababingeleli, kunye nenkundla enkulu, neengcango zenkundla. Zona wazityabeka ngobhedu.

10 E pôs o tanque no lado Sul, à direita, no canto sudeste do templo.

10Ichibi elo walibeka kumazantsi-mpuma endlu kaThixo.

11 Finalmente, Hurão-Abi fabricou os jarros, as pás e as bacias para aspersão. E assim, completou toda a obra que fora colocada em suas mãos pelo rei Salomão, para a Casa de Deus:

11Kananjalo wenza iimbiza, iifotsholo, nezitya zokufefa. Ngoko ke uHuram wawugqiba umsebezi awayewenzela ukumkani uSolomon endlwini kaThixo:

12 As duas colunas; os dois capitéis em forma de taça no alto das colunas; os dois conjuntos de correntes que adornavam os dois capitéis;

12Yayiziintsika ezimbini; iintloko ezimbini ezibusitya zezo ntsika; amatyathanga alukiweyo amabini ahombise ezo ntloko zimbini zezo ntsika;

13 as quatrocentas figuras de romãs para os dois conjuntos de correntes, sendo duas fileiras de romãs para cada conjunto;

13iirharnati ezimakhulu mane ziyimiqolo emibini ethe nca kwityathanga ngalinye elilukiweyo elihombise ezo ntloko zibusitya zeentsika ezo;

14 os dez carrinhos com suas dez pias;

14izixhaso nezitya zazo;

15 o Mar, como era chamado o tanque-piscina, e as doze esculturas de touros que o sustentavam em seus lombos;

15ichibi lobhedu lineenkunzi zeenkomo ezilishumi elinambini ezenziwe ngobhedu ezilixhasayo;

16 os jarros, as pás, os garfos de carne e todos os utensílios afins. Todos esses objetos fabricados por Hurão-Abi para o tempo do SENHOR, sob as ordens do rei Salomão, eram de bronze polido.

16iimbiza, iifotsholo, iifolokhwe zenyama, nezinye izixhobo ezikolo didi. Zonke ke ezo zixhobo ezazenziwe nguHuram-abhi, ezenzela ukumkani uSolomon ukuze zisetyenziswe endlwini kaNdikhoyo, zazenziwe ngobhedu olugudisiweyo.

[17] Foi na planície do Jordão, entre Sucote e Zeredá, que o rei os mandou fundir, em moldes de barro.
[18] Salomão orientou seus obreiros para que fossem fabricados todos esses utensílios e em grande quantidade, de modo que nem se podia calcular o total do peso do bronze usado.

[19] Assim Salomão fez todos os objetos para a Casa de Deus, o altar de ouro, as mesas para os pães proposição, isto é, consagrados,

[20] os candelabros de ouro puro com as suas respectivas lâmpadas, para queimarem diante do Debir, isto é, a fim de iluminarem a entrada do Santo dos Santos, conforme tudo quanto fora projetado;

[21] as flores, as lâmpadas e as tenazes, de ouro puríssimo,

[22] como também os cortadores de pavio, as bacias para aspersão, as colheres e os incensários, de ouro puro. No caso da entrada do templo, tanto as portas internas do Debir, o Santo dos Santos, como as portas do Hekal, átrio principal, o salão maior do templo, eram de ouro.

2 Crônicas 5

[1] Deste modo se concluiu toda a obra que Salomão fez para a Casa de Yahweh, o templo do SENHOR; e Salomão mandou trazer tudo quanto seu pai Davi havia consagrado, isto é, todos os objetos de ouro, prata e todos os utensílios sagrados, e depositou-os no tesouro do templo de Deus.

A arca é levada para o santuário do templo

[17]Ezo zinto ukumkani wathi mazibunjwe ngezibumbi zomdongwe kwintili yeJordan phakathi kweSukoti neZaretan.

[18]Ubunzima bazo xa zizonke ezi zinto wazenzayo uSolomon babubukhulu ngangokuba abuzange bube namlinganiso.

[19]Kananjalo uSolomon wazenza zonke iimpahla zendlu kaThixo: iqonga lamadini legolide; iitafile zesonka esinikelwa kuThixo;

[20]iziphatha-zibane ezazenziwe ngegolide ecikizekileyo kunye nezibane zazo, ezazimiselwe ukusoloko zivutha phambi kwendawo engcwele;

[21]iintyatyambo zegolide nezibane nezitya zokugcina imitya yezibane – zonke ziyigolide;

[22]izikhwezeli-zibane ezenziwe ngegolide; iindebe zokufefa; izitya zesiqhumiso; iipani zamalahle; neengcango zegolide zendlu leyo: nditsho iingcango ezingena kwigumbi eliyingcwele kangcwele, kunye neengcango zegumbi elingaphandle.

2 Yeziganeko 5

[1]Uthe ke wakufezeka loo msebenzi uSolomon awayewenzela indlu kaNdikhoyo, wazithatha zonke ezo zinto zazinikezelwe nguyise uDavide(isiliva, igolide, nazo zonke ezinye izinto zokusebenza) waza ke wazifaka koovimba bendlu kaThixo.

Ityesi iziswa endlwini kaThixo
(1 Kum 8:1-9)

[2] Então Salomão congregou os anciãos, as autoridades de Israel, e todos os líderes das tribos e os príncipes das famílias dos Filhos de Israel, para fazer subir da Cidade de Davi, que é Sião, a Arca da Aliança de Yahweh.

[3] E todos os homens de Israel juntaram-se em comunhão ao rei por ocasião da festa, no sétimo mês.

[4] Depois que todas as autoridades de Israel chegaram, os levitas transportaram a Arca;

[5] e a conduziram juntamente com toda a Tenda do Encontro e seus utensílios sagrados. Foram os sacerdotes levitas que levaram tudo.

[6] O rei Salomão e toda a comunidade de Israel, que se havia congregado a ele perante a Arca, sacrificaram tantas ovelhas e bois que nem era possível contar.

[7] Assim os sacerdotes trouxeram a Arca da Aliança de Yahweh para o seu lugar, ao Debir, o santuário interior do templo, a saber, ao Santo dos Santos, o lugar santíssimo, debaixo das asas dos querubins.

[8] Os querubins estendiam as asas sobre o lugar da Arca, cobrindo a Arca e as varas utilizadas para o transporte.

[9] Essas varas eram tão longas que as pontas se estendiam para fora da Arca e podiam ser vistas da parte da frente do santuário interno, mas não de fora dele; e elas permanecem lá até nossos dias.

[2]Ke kaloku uSolomon wawabizela eJerusalem onke amadoda amakhulu akwaSirayeli, bonke abaziintloko zezizwe, namadoda aziinkulu zezindlu zamaSirayeli, ukuze aye kuthatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo eZiyon isixeko sikaDavide.

[3]Onke ke amadoda akwaSirayeli aqokelelana kukumkani ngexesha lombhiyozo kwinyanga yesixhenxe.

[4]Athe ke akuphelela amadoda amakhulu akwaSirayeli, abaLevi bayithatha ityesi,

[5]kunye nentente yesibingelelo, nazo zonke izinto ezingcwele ezazikuyo. Ababingeleli ababengabaLevi bazithwala ezo zinto.

[6]Ke yena ukumkani uSolomon nalo lonke ibandla likaSirayeli elaliqokelelene kuye babemi phambi kwetyesi besenza amadini ngeegusha neenkomo ezininzi, ziyinyambalala engenakubalwa.

[7]Ababingeleli ke bayithatha ityesi yomnqophiso kaNdikhoyo, bayisa endaweni yayo kwigumbi elingaphakathi endlwini kaThixo – ingcwele kangcwele – bayibeka phantsi kwamaphiko ezo zithunywa zimaphiko.

[8]Izithunywa ezo ke zawathi naa loo maphiko azo, zayigquma loo ndawo yayikuyo ityesi ndawonye namanqwanqwa okuyiphatha.

[9]La manqwanqwa ke ayemade ngangokuba zazibonakala iziphetho zawo kumntu ophambi kwegumbi elingaphakathi, kodwa ke zingabonakali kongaphandle kweyona ndawo ingcwele. Aselapho ke unanamhlanje.

[10] No interior da Arca havia exclusivamente as duas Tábuas que Moisés tinha depositado quando estava em Horebe, onde Yahweh firmou uma Aliança com os israelitas depois que abandonaram o Egito.

[11] Ora, quando os sacerdotes saíram do Lugar Santo, e, de fato, todos haviam se consagrado, não importando a divisão ou a classe de seus grupos,

[12] os levitas músicos e cantores, todos eles, isto é, Asafe, Hemã, Jedutum e os filhos e parentes deles, vestidos de linho fino, com címbalos, com alaúdes e com harpas, também estavam em pé ao lado oriental do altar, e juntamente com eles cento e vinte sacerdotes, que tocavam as trombetas;

[13] Os que entoavam as trombetas e os cantores, louvaram e agradeceram a Yahweh a uma só voz. Ao som de cornetas, címbalos e outros instrumentos, ergueram suas vozes em uníssono ao SENHOR e cantaram: "Porque ele é bom, o seu amor dura para sempre!" Em seguida, toda a Casa se encheu da Nuvem de Glória de Yahweh,

[14] de tal maneira, que os sacerdotes não conseguiam permanecer em pé para dar sequência ao serviço religioso, porquanto a glória do SENHOR tomou todo o templo de Deus.

2 Crônicas 6

Salomão abençoa o povo e dá graças ao Deus de Israel

[10]Apho kuloo tyesi kwakungekho nto ngaphandle kwamacwecwe amabini amatye, lawo ayefakwe kuyo nguMosis eHorebhe, apho uNdikhoyo wenza umnqophiso namaSirayeli akuba ephumile eJiputa.

[11]Ke kaloku ababingeleli abo baphuma apho endaweni engcwele. Bonke ababingeleli ababelapho – nditsho abeendidi zonke – babezihlambulule.

[12]Bonke abaLevi ababeziimvumi – uAsafu, uHeman, noJedutun, noonyana babo, nezizalwane zabo – babemi kwicala lasempuma apho eqongeni, bevethe ezelinen entle kunene, bakhalisa amacangci, iihapu, nemirhubhe. Babekhatshwa likhulu elinamashumi amabini lababingeleli behlokomisa amaxilongo.

[13]Abo bamaxilongo ngokunjalo nabaculayo batsho ngoncuthu oluyondeleleneyo, ngazwi-nye bedumisa bebulela uNdikhoyo. Babekhatshwa ngamaxilongo, amacangci, nezinye izikhalisi. Ewe, badanduluka ngendumiso bebonga uNdikhoyo besithi: "Hayi ke bethu ukulunga kwakhe; izibele zakhe zimi ngonaphakade!" Ke kaloku indlu kaNdikhoyo leyo yazaliswa lilifu.

[14]Ngenxa yelo lifu ababingeleli ababanga nako ukwenza imisebenzi yabo. Kaloku ubukhazikhazi besidima sikaNdikhoyo babuyizalisile indlu leyo kaThixo.

2 Yeziganeko 6

Intetho kaSolomon

(1 Kum 8:12-21)

[1] Então Salomão tomou a palavra e exclamou: "Yahweh advertiu que habitaria uma Nuvem obscura!

[2] Eu, de fato, construí um templo para tua morada, um lugar de honra para tua eterna habitação!"

[3] Em seguida o rei virou-se e abençoou toda a congregação de Israel, que ali estava reunida e se colocou em pé.

[4] E Salomão bradou: "Bendito seja Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel, que cumpriu pelas suas poderosas mãos tudo quanto prometera com sua própria boca a meu pai Davi, quando lhe afirmou:

[5] 'Desde o dia em que tirei o meu povo da terra do Egito, não escolhi cidade alguma, de todas as tribos de Israel, para nela edificar um templo para o meu Nome, nem escolhi homem algum para ser líder do meu povo Israel;

[6] mas escolhi Jerusalém para que o meu Nome permanecesse ali e escolhi Davi para governar sobre o meu povo Israel'

[7] Meu pai Davi tinha no coração e na alma o objetivo de construir um templo em homenagem a Yahweh, o Nome do SENHOR, o Deus de Israel.

[8] Mas Yahweh lhe advertiu: 'Fizeste bem em alimentar em teu coração o propósito de construir uma Casa para a habitação do meu Nome.

[9] Contudo, tu não erguerás um templo, mas sim teu filho, que descenderá de ti, esse sim, edificará uma Casa ao meu Nome!'

[1]Ke kaloku uSolomon wathi: " UNdikhoyo wayethe uza kuhlala kwilifu elimnyama;

[2]ke mna ndikwakhele ipomakazi lendlu, indawo oya kuhlala kuyo kude kube ngonaphakade."

[3]Lithe lisemi apho lonke elo bandla likaSirayeli, ukumkani wee gququ walithamsanqela,

[4]wathi: "Makabongwe uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, yena othe ngesandla sakhe wasifezekisa isithembiso awasenza ngomlomo wakhe kubawo uDavide. Kaloku yena wathi:

[5]'Ukusukela kwimini endabakhupha ngayo abantu bam eJiputa, andizange ndizikhethele sixeko nakwesiphi na isizwe sakwaSirayeli apho lalinokwakhelwa khona indlu igama lam, kananjalo andizange ndinyule mntu ukuze akhokele abantu bam amaSirayeli.

[6]Kambe ke ngoku ndinyule iJerusalem ukuze libe kuyo igama lam, ndaza ndanyula uDavide ukuze abalawule abantu bam amaSirayeli.'

[7]"Ubawo uDavide wayezimisele ngomxhelo wakhe ukuba igama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli alakhele indlu.

[8]Kambe ke uNdikhoyo wathi kubawo uDavide: 'Ibe yinto entle ukuba uzimisele ukulakhela indlu igama lam.

[9]Noko ke kambe asinguwe oza kulakhela indlu igama lam, koko yoba ngunyana wakho; nditsho kanye owesinqe sakho – nguye oya kulakhela indlu igama lam.'

10 Assim o SENHOR cumpriu a sua Palavra. Sou o sucessor de meu pai Davi, e agora ocupo o trono de Israel, como Yahweh havia prometido, e construí o templo em honra a Yahweh, o Nome do SENHOR, o Deus de Israel.

11 Depositei em sua Casa a Arca da Aliança, na qual estão guardadas as Tábuas da Aliança do SENHOR, aliança que ele mesmo estabeleceu com todos os filhos de Israel!”

A oração de Salomão

12 Em seguida, o rei Salomão postou-se diante do altar de Yahweh, em frente de toda a assembleia de Israel, e estendeu as mãos.

13 Ora, Salomão mandara construir uma plataforma de bronze, medindo dois metros e vinte e cinco centímetros de comprimento e de largura, por um metro e trinta e cinco centímetros de altura, posicionada no centro do pátio externo. O rei subiu na plataforma e prostou-se de joelhos diante de toda a comunidade israelita. Ergueu as mãos em direção aos céus,

14 e orou: “Ó Yahweh, SENHOR Deus de Israel! Não existe nenhum Deus semelhante a ti nos céus nem na terra; tu que guardas a tua Aliança de amor e misericórdia para com teus servos que, de todo o coração, andam de acordo com a tua vontade.

15 Cumpriste a tua promessa a teu servo Davi, meu pai; com tua boca a fizeste e com teu braço forte a estabeleceste, conforme se pode observar aqui e agora.

10“UNdikhoyo ke usigcinile eso sithembiso wasenzayo. Naku ngoku ndingene esikhundleni sikabawo uDavide. Ewe, ndichophe kwisihlalo sokulawula sakwaSirayeli ngokwesithembiso sikaNdikhoyo, ndaza ndalakhela indlu igama likaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

11Kuyo ndayibeka ityesi equlethe umnqophiso kaNdikhoyo awayewenze namaSirayeli.”

Umthandazo wokunikezela indlu kuThixo

(1 Kum 8:22-53)

12Ke kaloku uSolomon wema phambi kweqonga likaNdikhoyo, apho phambi kwaloo nginginya yebandla likaSirayeli, waza ke waziphakamisa izandla zakhe.

13Ke kaloku wayenze iqonga lokuma lobhedu, laba ziimitha ezimbini ezinekota ubude nobubanzi, liyimitha enye enekota ukuphakama; walithatha ke walibeka embindini wenkundla engaphandle. Waqabela apho kulo, waza waguqa apho phambi kwaloo nginginya yebandla likaSirayeli, waza izandla zakhe waziphakamisela ezulwini,

14wathi: “Ewe, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, akakho uThixo onjengawe ezulwini nasemhlabeni. Kaloku ungulowo uwugcinayo umnqophiso wakhe wokuzithanda izicaka zakhe ezithe rhoqo ngomxhelo wazo wonke ukuhamba ezindleleni zakhe.

15Ngoku ke usigcinile isithembiso sakho kwisicaka sakho uDavide ubawo. Wathembisa ngomlomo wakho; kunamhlanje-nje ke ufezekisile ngesandla sakho.

[16] Sendo assim, ó Yahweh, SENHOR Deus de Israel, cumpre ainda outra promessa que fizeste a teu servo Davi, meu pai, quando afirmaste: 'Jamais faltará diante de mim sucessor, que se assente no trono de Israel, contanto que teus descendentes guardem o seu Caminho para andarem na Minha Torá, Lei, como tu andaste na minha presença!

[17] Ó Yahweh, SENHOR Deus de Israel, cumpra-se agora também a tua Palavra, que empenhaste ao teu servo Davi.

[18] Todavia, na verdade, habitaria Deus com os seres humanos na terra? Nem os céus e os céus dos céus podem te abrigar; muito menos este templo que construí!

[19] Contudo, atende à oração e à súplica do teu servo, para ouvires o clamor e pedido de misericórdia que teu servo derrama diante de ti neste momento, ó SENHOR meu Deus.

[20] Que os teus olhos estejam voltados dia e noite para esta Casa, templo sobre o qual afirmaste que colocarias o teu Nome, a fim de que ouças a oração que o teu servo fizer voltado para este lugar.

[21] Ouve, pois, as súplicas do teu servo e o rogo de Israel, o teu povo, quando orarem voltados para esse lugar. Ouve desde os céus, e, quando ouvirem, concede-lhes o teu perdão.

[22] Quando um homem pecar contra seu próximo e tiver que fazer um juramento, e vier jurar diante do teu altar nesta Casa,

[16]"Nangoku ke, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, isicaka sakho uDavide ubawo khawumgcinele ezo zithembiso wamenzela zona usithi: 'Akusoze ungabi nayo indoda yokuchopha phambi kwam kwisihlalo sokulawula sakwaSirayeli, ukuba kodwa oonyana bakho bathe bakunyamekela ngandlela zonke ukuhamba phambi kwam ngokomthetho wam njengawe lo.'

[17]Ewe, nangoku, Ndikhoyo, Thixo kaSirayeli, ilizwi owalithethayo uthembisa isicaka sakho uDavide malifezeke.

[18]"Kambe ke, ngaba uThixo angade ahlale emhlabeni phakathi koluntu na? Hayi bo; kaloku namazulu, nditsho namazulu asemajuku-jukwini ngokwawo, akanako ukukuqulatha! Ibeke phi ke yona le ndlu ndiyakhileyo?

[19]Nakuba kunjalo, Ndikhoyo, Thixo wam, wubekele iindlebe umthandazo wesicaka sakho esizibikayo kuwe. Kuve ukulila nokukhunga kwesicaka sakho esikubongozayo!

[20]Imini nobusuku ngamana amehlo akho athi ntsho kuyo le ndlu. Kaloku yile wathetha ngayo usithi igama lakho liya kuba kuyo. Ke ngoko wuphulaphule lo mthandazo esiya kuthi isicaka sakho siwubhekise kule ndawo.

[21]Zibazele iindlebe izikhungo zesicaka sakho ndawonye nabantu bakho xa umthandazo wabo bewubhekisa kule ndawo. Yiva wena usekhayeni lakho ezulwini; ewe, yiva, uvile uxolele.

[22]"Xa umntu ethe wona ummelwane wakhe kwaza ke kwafuneka enze isifungo, waza ke

yena weza kufunga kule ndlu phambi kweqonga lakho,

[23] escuta dos céus e ajuíza com misericórdia. Julga os teus servos; retribui ao culpado o que de fato lhe cabe, fazendo recair sobre o pecador o peso do seu erro e declara sem culpa o inocente, concedendo-lhe o que o seu procedimento correto merece.

[23]wena ke yiva usezulwini, usebenze ngaloo nto. Uze ugwebe phakathi kwezicaka zakho, onetyala umbuyekeze ngesohlwayo esifanele isenzo sakhe. Uze umgwebele umntu omsulwa, khon' ukuze aphuhle ukuba umsulwa.

[24] Quando Israel, o teu povo, for derrotado por um inimigo por ter pecado contra ti, e voltar-se para ti e invocar o teu Nome, orando e rogando a ti nesta Casa,

[24]“Xa abantu bakho amaSirayeli ethe oyiswa lutshaba ngenxa yokuba ekonile wena, makathi akubuya ebula, evuma igama lakho, ethandaza, esenza isikhungo kuwe kuyo le ndlu,

[25] ouve dos céus e perdoa o erro de Israel, o teu povo, e o faz retornar à terra que deste a ele e aos seus antepassados.

[25]wena ke yiva usezulwini, usixolele isono sabantu bakho amaSirayeli, uwabuyisele kulo mhlaba wawunika ooyise.

[26] Quando o céu se fechar e não houver chuva, por terem eles pecado contra ti, e eles orarem com sinceridade, voltados para este lugar, confessarem o teu Nome, e se afastarem da prática do pecado, por os teres afligido,

[26]“Xa amazulu athe avaleka ayabikho imvula, kuba abantu bakho bekonile, mabathi xa bathe babhekisa kule ndawo ngomthandazo bevuma igama lakho, bezishiya nezono zabo kuba wena ubabandezele,

[27] escuta do céu, perdoa o pecado e os erros dos teus servos e de Israel, teu povo. Ensina-lhes o Caminho da Vida e envia chuva sobre a tua terra, que concedeste ao teu povo por herança.

[27]wena ke yiva usezulwini, usixolele isono sezicaka zakho, abantu bakho amaSirayeli. Uze ubafundise indlela efanelekileyo yokuziphatha, ulithi jize ngemvula ilizwe elililifa owalinika abantu bakho.

[28] Se ocorrer um tempo de fome ou enfermidades sobre a terra, se houver seca, ferrugem, mofo, gafanhotos peregrinos e gafanhotos devastadores, ou ainda quando os inimigos sitiarem suas cidades, quando, em meio a qualquer praga ou epidemia,

[28]“Xa kuthe kwakho indlala nokuba ngubhubhani kweli lizwe, okanye kubekho isihlava, isihumba, iinkumbi, iintothoviyane, okanye xa abantu bakho bethe bangqingwa ziintshaba ezixekweni zabo, ukanti nokuba sisiphi na isithwakumbe okanye isifo esibafikeleyo,

[29] uma oração ou apelo por misericórdia for elevado a ti por um israelita ou por todo o

[29]makuthi xa kukho nawuphi na kubantu bakho othandazayo ekhunga ngokuva

ajuntamento de Israel, teu povo, cada um refletindo e sentindo as suas próprias aflições e responsabilidades, estendendo as mãos na direção desta tua Casa,

iimbandezelo neentlungu, izandla zakhe eziphakamisela kule ndlu,

[30] ouve dos céus, o lugar da tua habitação. Perdoa e trata cada pessoa de acordo com o que merece, uma vez que só tu conheces o intimo de cada um de nós. Sim, só tu conheces o coração do ser humano.

[30]wena ke yiva usekhayeni lakho ezulwini. Ewe, xolela, ulowo nalowo umphathe ngokwezenzo zakhe, kuba wena uyayazi intliziyo yakhe. Kaloku nguwe wedwa ozaziyo iintliziyo zabantu.

[31] Deste modo eles te temerão e andarão em conformidade com a tua vontade durante todo o tempo em que viverem sobre a terra que concedeste aos nossos antepassados.

[31]Ngaloo ndlela ke baya kukuhlonela, bahambe ezindleleni zakho ngalo lonke ixesha lokudla kwabo ubomi kulo mhlaba wawunika oobawo.

[32] Mesmo o estrangeiro, que não pertence ao teu povo Israel, e que veio de uma terra distante por causa do teu magnífico Nome, da tua mão poderosa e do teu braço forte; quando ele vier e orar voltado para esta Casa,

[32]“Kanti ke nowasemzini ongenguye owabantu bakho amaSirayeli, kodwa ofike evela kwelikude ilizwe ngenxa yodumo lwegama lakho, namandla esandla sakho, kunye nobungangamsha bengalo yakho, makathi akuza kuthandaza apha kule ndlu,

[33] ouve dos céus, lugar da tua habitação, e atende também a súplica daquele que não é nascido judeu, a fim de que todos os povos da terra conheçam Yahweh, o teu Nome, e te obedeçam com amor e reverência, como deve agir Israel, o teu povo, e saibam que este templo que levantei traz o teu Nome.

[33]wena ke uve usekhayeni lakho ezulwini, owasemzini lo umenzele konke oko akucelayo kuwe, khon' ukuze zonke izizwe zehlabathi zilazi igama lakho, zikuhlonele kwanjengokuba bekuhlonela abantu bakho amaSirayeli. Ewe, ukuze ziqonde ukuba le ndlu ndiyakhileyo ibizwa ngegama lakho.

[34] Quando o teu povo sair à guerra contra os inimigos, seja qual for o caminho pelo qual os enviares, e orarem a ti voltados para a Cidade que escolheste e para o Templo que edifiquei ao teu Nome,

[34]“Nabantu bakho xa bathe baya emfazweni besilwa neentshaba zabo, nokuba ubathumela phi na, mabathi bakuthandaza kuwe, bebhekisa kule ndlu ndiyakhele igama lakho, kwesi sixeko usinyulileyo,

[35] escuta, pois, dos altos céus a sua oração e a seu rogo, e defende a sua causa.

[35]yithi wena usezulwini uwuve umthandazo nesikhungo sabo, ubagwebele.

[36] Quando pecarem contra ti, porquanto não existe ser humano que não peque e cometa erros, e tu te indignares contra essa tua gente e os entregares às mãos do inimigo

[36]“Xa bathe bakona – kaloku akukho mntu ongoniyo – waza ke wena wakhathazeka wabanikela elutshabeni, luze ke lona

para os castigarem, de modo que os levem em cativeiro para alguma terra, longínqua ou próxima;

lubathimbe lubafuduse, nokuba lubase kwilizwe elikude okanye elikufuphi,

[37] se caírem em si na terra estranha para onde forem conduzidos como escravos, e lá, se arrependerem e se converterem, confessando: "Pecamos, nos desviamos, agimos com rebeldia, perversidade e praticamos o mal!"

[37]xa bathe baguquka bazisola kwelo lizwe bathinjelwe kulo, ewe, xa beguquka bezibika kuwe, belapho kwelo lizwe lokuthinjwa, besithi: 'Ewe, sonile, senze ububi nenkohlakalo,'

[38] E lá, nas terras de sua deportação, se voltarem sinceramente para ti, de todo coração e de toda a alma, entre os povos de seu exílio, para onde foram mandados cativos, e orarem voltados para a sua terra, que deste a seus pais, para a Cidade que escolheste e para o Templo que levantei em honra a teu Nome,

[38]xa bebuyela kuwe ngomxhelo wabo wonke nentliziyo yabo iphela bekwelo lizwe lokuthinjwa, bethandaza bebhekisa kweli lizwe walinika ooyise, kwesi sixeko wasinyulayo, nakule ndlu ndiyakhele igama lakho,

[39] então, dos altos céus, lugar da tua plena habitação, ouve a sua petição e a sua súplica, e defende a sua causa. Perdoa o teu povo, que pecou contra ti.

[39]yithi ke wena usekhayeni lakho ezulwini, uwuve umthandazo wabo, nezikhungo zabo, ubagwebele. Ewe kaloku, uze ubaxolele abantu bakho abakonileyo.

[40] Portanto, ó meu Deus, estejam neste momento os teus olhos observando tudo quanto aqui se passa, e atentos os teus ouvidos às orações e súplicas declaradas a ti neste lugar.

[40]"Nakalokunje, Thixo wam, ngamana wena ungawavula amehlo akho, uyibazele iindlebe imithandazo eyenziwa kule ndawo.

[41] Agora, pois, levanta-te, ó Yahweh, SENHOR Deus, e vem para o teu lugar de repouso, tu e a Arca do teu poder; que os teus sacerdotes estejam vestidos de Salvação, e os teus santos se alegrem na tua bondade, ó Yahweh, SENHOR Deus.

[41]"Ndikhoyo, Thixo wam, phakama, uze endaweni yakho yokuphumla, wena netyesi yobungangamsha bakho. Ewe, Ndikhoyo, Thixo wam, ababingeleli bakho ngamana bangavatha ezosindiso, ithi nemilowo yakwakho yonwatyiswe kukulunga kwakho!

[42] Ó Yahweh, SENHOR Deus, não rejeites o teu ungido. Recorda-te das tuas misericórdias e promessas firmadas ao teu servo Davi!

[42]Ewe, Ndikhoyo, Thixo wam, uze ungambukuli umthanjiswa wakho; uze ukhumbule ezo zibele wazithembisa uDavide isicaka sakho."

2 Crônicas 7

O fogo e a glória de Deus são os sinais da sua aprovação

1 Assim que Salomão concluiu sua oração, desceu fogo do céu e consumiu o holocausto e os sacrifícios, e a Glória de Yahweh, o SENHOR, tomou toda a Casa.

2 Os sacerdotes não podiam entrar no templo do SENHOR, porquanto a Glória de Yahweh havia enchido o templo.

3 Quando os israelitas viram aquele fogo descendo e a Glória de Yahweh sobre o templo, ajoelharam-se atônitos no pavimento, com o rosto rente ao chão, adoraram e deram graças ao SENHOR com grande júbilo, exclamando: “Pois Ele é bom e Eterno é o seu amor e a sua misericórdia!”
4 Em seguida o rei e todo o povo passaram a oferecer sacrifícios diante de Yahweh, o SENHOR.

5 O rei Salomão ofereceu em sacrifício vinte e dois mil bois e cento e vinte mil ovelhas. Assim o rei e todo o povo formalizaram a dedicação do templo de Deus.

6 Os sacerdotes tomaram seus lugares, bem como os levitas, celebravam e serviam a Yahweh com os instrumentos musicais que Davi fabricara para justamente acompanhar os cânticos em louvar e adoração o SENHOR. E entoavam: “Porque o seu amor e benignidade duram para sempre!” No

2 Yeziganeko 7

Ukuvulwa kwendlu kaThixo

(1 Kum 8:62-66)

1Ke kaloku uSolomon uthe akugqiba ukuthandaza, suka kwehla umlilo uphuma ezulwini, walidla elo dini litshiswayo kunye neminikelo,kananjalo ubukhazikhazi bukaNdikhoyo bayizalisa indlu.

2Ababingeleli zange babe saba nako ukungena apho endlwini kaNdikhoyo, kuba kaloku ubukhazikhazi bukaNdikhoyo babuyizalisile.

3Xa ewonke ke amaSirayeli athe akuwubona umlilo usihla, kananjalo nobukhazikhazi bukaNdikhoyo buyigubungele indlu leyo, asuka ee guqaqa ejonge phantsi, enqula uNdikhoyo, embonga esithi: “Hayi ke bethu, ukulunga kwakhe! Izibele zakhe zimi ngonaphakade!”

4Ke ukumkani ndawonye nabantu bonke benzela uNdikhoyo amadini.

5Ukumkani uSolomon wenza idini ngeenkomo ezingamawaka angamashumi amabini anambini, kunye neegusha neebhokhwe ezilikhulu elinamashumi amabini amawaka. Ngaloo ndlela ke ukumkani kunye nabantu bonke bayivula beyinikela indlu kaThixo.

6Ababingeleli kunye nabaLevi bema ngeendawo zabo, abaLevi bephethe izikhalisi zokudumisa uNdikhoyo, ezo ukumkani uDavide wayezenzele ukuba zikhaliswe xa bebulela besithi: “Izibele zakhe zimi ngonaphakade.” Ababingeleli babekhangelene nabaLevi, bona bekhalisa

outro lado, de frente para os levitas, os sacerdotes tocavam suas trombetas. Todo Israel acompanhava jubiloso e em pé.

7 Salomão consagrou também a parte central do pátio que estava diante da Casa de Yahweh, porque foi lá que ele ofereceu os holocaustos e as gorduras dos sacrifícios de paz e comunhão. Pois o altar de bronze que Salomão fizera não podia comportar todo o volume de holocaustos, ofertas de cereal e as porções de gordura.

8 Assim, durante sete dias, Salomão com todo o povo de Israel, celebrou a festa; era uma grande multidão, pessoas vindas desde Lebo-Hamat, a entrada de Hamate, ao norte, até a Torrente do Egito, o conhecido ribeiro egípcio, no extremo sul.

9 No oitavo dia realizaram uma assembleia solene, porquanto haviam celebrado a dedicação do altar durante sete dias, e a festa se prolongou por mais sete dias.

10 No vigésimo terceiro dia do sétimo mês, o rei dispensou o povo para suas casas. E todos se foram, jubilosos e de coração renovado e alegre por tudo quanto o SENHOR havia proporcionado a Davi, Salomão e a todo Israel, seu povo.

Deus aparece a Salomão pela segunda vez e lhe faz promessas

11 Assim Salomão terminou a Casa de Yahweh e o palácio real. Realizou com êxito tudo quanto havia projetado fazer no templo do SENHOR, bem como em seu próprio palácio.

12 Então aconteceu que o SENHOR apareceu a Salomão durante a noite e lhe declarou:

amaxilongo, amaSirayeli onke emi ngeenyawo.

7USolomon wawungcwalisa umbindi wenkundla ephambi kwendlu kaNdikhoyo, waza khona apho wenza amadini atshiswayo, wanikela namanqatha angumnikelo wobudlelwane. Kaloku iqonga lobhedu awayelenzile lalingawalingene amadini atshiswayo, iminikelo yeenkozo, namadini enziwa ngamanqatha.

8Ngelo thuba ke uSolomon walenza itheko iintsuku zasixhenxe, enamaSirayeli ephela, inyambalala yembizo, abantu abaphuma kwinkalo yeHamati kude kuthi xhaxhe ngomda waseJiputa.

9Ngosuku lwesibhozo benza intlanganiso. Kaloku itheko lokunikezela iqonga lathatha iintsuku ezisixhenxe, kananjalo nombhiyozo waziintsuku ezisixhenxe.

10Ke ngosuku lwamashumi amabini anantathu kwinyanga yesixhenxe wawandulula agoduka amaSirayeli onwabile enemihlali ngenxa yezinto ezintle uNdikhoyo awayezenzele uDavide noSolomon kunye nabantu bakhe amaSirayeli.

UNdikhoyo ubonakala kuSolomon

(1 Kum 9:1-9)

11Ke uSolomon wathi akuba egqibile ukwakha indlu kaNdikhoyo kunye nebhotwe lakhe, ekufezile nako konke awayezimisele ukukwenza endlwini kaNdikhoyo nakwelo bhotwe lakhe,

12suka uNdikhoyo wabonakala kuye ebusuku, wathi: “Ndiwuvile umthandazo

“Eis que ouvi a tua oração e escolhi este lugar para mim como Casa de Sacrifício!

wakho, ngoko ke le ndawo ndizinyulele yona ukuba ibe yindlu yam yamadini.

13 Se Eu fechar o céu para que não derrame a chuva, ou ainda se ordenar aos gafanhotos que devorem a terra, ou mesmo enviar a praga sobre a minha própria gente;

13“Ngoko ke kuya kuthi xa ndithe ndawavala amazulu akwabikho mvula, okanye xa ndithe ndathumela iinkumbi zalivikiva eli lizwe, mhlawumbi xa ndithe ndathumela ubhubhani wesifo phakathi kwabantu bam,

14 e se esse meu povo, que se chama pelo meu Nome, se humilhar, orar e buscar a minha face, e se afastar dos seus maus caminhos, dos céus o ouvirei, perdoarei o seu pecado e seus erros e curarei a sua terra.

14ukuba abantu bam abo babizwa ngegama lam bathe bazithoba bathandaza bendikhunga befuna ubuso bam, bazilahla iindlela zabo ezikhohlakeleyo, ke mna ndiya kubaphulaphula ndibeve ndisezulwini, ndisixolele isono sabo, ndilinyange ilizwe labo.

15 De hoje em diante os meus olhos estarão observando e os meus ouvidos atentos às orações que serão realizadas neste lugar.

15Ewe, amehlo am aya kuhlala ejongile, neendlebe zam ndihlale ndizibazele imithandazo eyenziwa kule ndawo.

16 Escolhi, pois, e consagrei esta Casa para que o meu Nome habite nele para sempre, e os meus olhos e o meu coração estejam perpetuamente apegados a ele.

16Le ndlu ndiyinyule ndayingcwalisa ukuze igama lam lihlale apha kuyo ngonaphakade. Intliziyo yam namehlo am ohla ekule ndawo.

17 Quanto a ti, se caminhares diante de mim como fez Davi, teu pai, se agires conforme tudo quanto te ordeno e se obedeceres aos meus mandamentos e às minhas normas,

17“Ke wena ukuba uthe wahamba phambi kwam njengoyihlo uDavide, xa uthe wakwenza konke endikuyalela kona, wayigqala imimiselo nemithetho yam,

18 então consolidarei teu trono real, do mesmo modo como me comprometi com teu pai Davi quando afirmei: ‘Jamais te faltará descendência, um filho teu que governe Israel!’

18ndiya kubuzinzisa ubukhosi bakho njengoko ndandinqophisene noyihlo uDavide ngokuya ndandisithi: ‘Akusoze ungabi nayo indoda engumlawuli kwaSirayeli.’

14 Depois atacaram e invadiram todas as cidades que ficavam perto de Gerar, porquanto todos os moradores desses lugares estavam com um terrível medo de Yahweh. E os soldados de Asa simplesmente recolheram todas as riquezas que havia nessas cidades.

14 Azitshabalalisa zonke iidolophana ezijikeleze iGerare; kaloku bonke babengcangcazela besoyika uNdikhoyo. Bazitshabalalisa zonke ezo dolophana, abe ke amaxhoba emaninzi gqitha apho.

15 Atacaram ainda as tendas dos que cuidavam do gado e levaram grande número de cabeças de ovelhas e camelos, e retornaram a Jerusalém.

15 Kananjalo bazihlasela nezigqubo zabelusi, bathimba imihlambi yeegusha neebhokhwe neenkamela; baza ke bagoduka baya eJerusalem.

2 Crônicas 15

Asa abole a idolatria e renova o pacto do Senhor

1 E aconteceu que o Espírito de Deus veio sobre Azariáhu ben Oded, Azarias filho de Odede,

2 que foi ao encontro de Asa e lhe declarou: "Ouvi-me, Asa, e todo o Judá, e Benjamim! Eis que Yahweh, o SENHOR está convosco sempre que estais com ele; portanto, se o buscardes, ele se permitirá encontrar; no entanto, se o abandonardes, de igual modo ele vos deixará.

3 Ora, Israel passou muito tempo sem a presença do verdadeiro Deus, sem ouvir e obedecer ao ensino de um sacerdote ao menos e, também, longe da Torá, Lei.

4 Contudo, quando em meio a sua angústia, eles voltaram seus corações para Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel, e o buscaram, logo foi por eles achado.

5 Naqueles tempos não havia paz ou descanso, nem para os que saíam nem para os que entravam, todos os habitantes

2 Yeziganeko 15

Uhlaziyo luka-Asa

1 Ke kaloku uMoya kaThixo wafikela uAzariya unyana kaOdede,

2 waza wanduluka waya kuAsa, wafika wathi kuye: "Khanindiphulaphule, Asa, nani nonke maJuda namaBhenjamin! Niyabona, uNdikhoyo uba nani xa nani ningakuye. Xa nizondelela ukumfuna nomfumana; kodwa ke xa nithe namshiya, naye wonishiya.

3 Yaba lithuba elide amaSirayeli engenaye uThixo wokwenene, engenaye nambingeleli wakufundisa; ewe, engenawo namthetho.

4 Kuloo nkxwaleko ke abuyela kuNdikhoyo uThixo kaSirayeli, amfuna, aza amfumana.

5 Ngaloo mihla kwakungumngcipheko ukuhamba-hamba, kuba kaloku abemi belizwe babephithizela.

daquelas terras eram constantemente afligidos e viviam angustiados.

6 Porque nação contra nação e cidade contra cidade se despedaçavam, pois Deus os castigou com todo tipo de aflição.

7 Todavia, sede fortes e confiantes, e não desfaleçam as vossas mãos, porque a vossa obra terá recompensa!"

8 Ouvindo, portanto, Asa esta exortação e as palavras do profeta, filho de Odede, tomou novo ânimo e se desfez de todos ídolos e cultos abomináveis que campeavam pelas terras de Judá e de Benjamim, como também por todas as cidades que tomara na região montanhosa de Efraim; e restaurou o altar de Yahweh, que estava diante do pórtico do SENHOR.

9 Congregou todo o Judá e Benjamim, e convocou também os filhos de Efraim, Manassés e Simeão que viviam entre eles, porque muitos de Israel haviam decidido passar para o lado do rei Asa, ao concluírem que Yahweh, seu Deus, estava com ele.

10 Reuniram-se, em Jerusalém, no terceiro mês, no décimo quinto ano do governo do rei Asa.

11 Naquele dia, ofereceram em sacrifício a Yahweh, o SENHOR, do despojo de guerra que haviam trazido, setecentos bois e sete mil ovelhas.

12 Estabeleceram uma solene aliança de buscar a presença de Yahweh, o SENHOR Deus de seus pais, de todo o coração e de todo o entendimento;

6Isizwe sasitshatyalaliswa sesinye, isixeko sibhuqwa sesinye, kuba uThixo wayebaphithizelisa ngeendidi zonke zeenkxwaleko.

7Kambe ke nina yomelelani ninganikezeli, kuba umsebenzi wenu woba nomvuzo."

8Suka ke uAsa wakhuthazeka akuyiva intshumayelo yomshumayeli unyana kaOdede. Wayitshitshisa imifanekiso engamasikizi kuwo wonke umhlaba wakwaJuda nowakwaBhenjamin, nakwiidolophu awazithimba kweleentaba lakwaEfrayim. Walilungisa iqonga likaNdikhoyo elaliphambi kwevaranda yendlu kaNdikhoyo.

9Waza ke wamqokelela wonke uJuda noBhenjamin kwakunye namaEfrayim, amaManase, namaSimon awayeze kuma phakathi kwabo; kaloku into eninzi kubo yayimshiyile uSirayeli, yeza kuAsa, yakuqonda ukuba uNdikhoyo uThixo wakhe ungakuye.

10Ewe, bahlanganisana eJerusalem ngenyanga yesithathu kunyaka weshumi elinesihlanu wolawulo luka-Asa.

11Ngelo thuba ke benzela uNdikhoyo amadini ngamakhulu asixhenxe eenkomo namawaka asixhenxe eegusha neebhokhwe; mfuyo leyo ke yayingamaxhoba ababuya nawo.

12Bazibophelela kumnqophiso wokufuna uNdikhoyo uThixo wooyise ngomxhelo wabo wonke nangomphefumlo wonke.

[13] e acordaram também que todo aquele que não dispusesse sua alma a seguir as orientações de Yahweh, o SENHOR Deus de Israel, seria condenado sumariamente à pena de morte; jovem ou idoso, pessoa simples ou importante, homem ou mulher.

[14] Juraram a Yahweh, o SENHOR, em alta voz, bradando com júbilo de consagração ao som de clarins e trombetas.

[15] Todos os filhos de Judá muito se alegraram com esse juramento, porquanto o havia pronunciado de todo o coração. O povo buscou a Deus com a mais sincera disposição de alma, e o SENHOR permitiu que as pessoas da terra o encontrassem e lhes abençoou com paz em suas fronteiras.

[16] O rei Asa chegou a exonerar sua própria avó Maaca da nobre posição rainha-mãe, pois ela havia construindo um poste-ídolo para prestar culto e adoração ao deus Asherá, Astarote, uma abominável imagem esculpida em madeira. Asa derrubou esse totem pagão, o reduziu a pedaços e queimou-o no vale de Cedrom.

[17] Ainda que os muitos altares idólatras não tivessem sido todos derrubados e eliminados das terras de Israel, o coração do rei Asa foi consagrado totalmente a Yahweh, o SENHOR durante toda a sua vida.

[18] Ele trouxe para dentro da Casa deYahweh, o templo do SENHOR, todo o ouro, a prata e os utensílios sagrados que ele e seu pai haviam dedicado ao SENHOR.

[19] E assim não se teve notícia de qualquer rebelião ou guerra até o trigésimo quinto ano do governo do rei Asa.

[13]Ke bona bonke ababengazimiselanga ukumfuna uNdikhoyo uThixo kaSirayeli bamiselwa ukubulawa, omdala nomncinci, oyindoda nongumfazi.

[14]Bafunga phambi koNdikhoyo, baduma batsho ngentswahla namaxilongo nezigodlo.

[15]Wonke uJuda wasithakazelela eso sifungo kuba wayesenze ngomxhelo wakhe wonke. UThixo bamfuna ngolangazelelo, baza ke bamfumana. Ngoko ke uNdikhoyo wabaphumza ngeenxa zonke.

[16]Ukumkani uAsa wamkhiqa unina-khulu uMaka kwisikhundla sokuba yikumkanikazi; kaloku yena wayenze isikizi eliyintsika ka-Ashera. UAsa wayigawula loo ntsika wayinqunqa, waza wayitshisa kwintili yeKedron.

[17]Nangona engazitshitshisanga iindawo eziphakamileyo zonqulo kwaSirayeli, noko uAsa wayenqula uNdikhoyo ngomxhelo wakhe wonke bonke ubomi bakhe.

[18]Wayizisa endlwini kaThixo isiliva negolide nenye impahla yonqulo, leyo yena noyise babeyenze umnikelo.

[19]Akuphindanga kubekho mfazwe, yada yangunyaka wamashumi amathathu anantlanu wolawulo luka-Asa.

2 Crônicas 16

Asa e o rei da Síria pelejam contra Baasa

[1] No trigésimo sexto ano do governo do rei Asa aconteceu que, Bashá, Baasa, rei de Israel, invadiu Judá e começou a cercar de muralhas a cidade de Ramá, para assim controlar todo o movimento que passava pela estrada que ia até Jerusalém.

[2] Por esse motivo, Asa ajuntou o ouro e a prata do tesouro da Casa de Yahweh e do seu próprio palácio e os enviou a Ben-Hadade, rei de Aram, Síria, que exercia sua soberania a partir da cidade de Damasco, com uma mensagem nos seguintes termos:

[3] "Celebremos um pacto entre mim e ti, como houve entre meu pai e teu pai. Eis que te mando ouro e prata como gesto de boa vontade; vai e anula a tua aliança com Baasa, rei de Israel, para que se retire das minhas terras!"

[4] Bem-Hadade aceitou a proposta do rei Asa e enviou os capitães dos seus exércitos contra as cidades de Israel; e feriu a Ion, Ijom, Dan, Dã, Avel-Máim, Abel-Maim e todas as cidades-armazéns de Naftali, Lutador.

[5] Assim que Baasa ouviu essas notícias, desistiu de fortificar Ramá e interrompeu sua obra.

[6] Então, o rei Asa tomou todo o Judá, e convocando todos os homens da cidade, retiraram de Ramá as pedras e a madeira que o rei Baasa estivera usando na construção das muralhas em torno de Ramá.

2 Yeziganeko 16

Imihla yokugqibela ka-Asa

(1 Kum 15:17-24)

[1]Ke kaloku kwathi kunyaka wamashumi amathathu anantandathu wolawulo luka-Asa kwanyuka uBhayesha ukumkani wakwaSirayeli, weza kuhlasela uJuda, wafika wayingqinga iRama, wavala akwabi nakungena nakuphuma mntu kummandla ka-Asa ukumkani wakwaJuda.

[2]Ke uAsa wayithatha isiliva negolide eyayikoovimba bendlu kaNdikhoyo nakwabo bebhotwe lakhe, waza wayithumela kuBhenadadi ukumkani wama-Aram owayelawula eDamasko.

[3]Wathi kuye: "Makubekho umnqophiso phakathi kwam nawe, nanjengokuba wawukhona phakathi kukabawo noyihlo. Nâso isipho endikunika sona: igolide nesiliva. Wuqhawule ke umnqophiso ophakathi kwakho noBhayesha ukumkani wakwaSirayeli, khon' ukuze andiyeke."

[4]UBhenadadi ke wavumelana nokumkani uAsa, waza wathumela iingqwayi-ngqwayi zomkhosi wakhe, zaya kuhlasela iidolophu zakwaSirayeli, bayoyisa i-Iyon, nesixeko sakwaDan, neAbhele-mayim,nazo zonke izixeko ezingoovimba zakwaNafetali.

[5]Akuyiva le nto uBhayesha wayeka ukwakha engqinga iRama, wawushiya loo msebenzi.

[6]Ke ukumkani uAsa weza nawo onke amadoda akwaJuda, baza bawafudusa eRama amatye kunye nemithi eyayisetyenziswa khona nguBhayesha. Ngezo zinto ke wakha iGebha neMizpa.

Com esse material Asa mandou erguer muralhas em volta de Geba e de Mispa.

[7] Naquela época, veio Hanani, Amável, à presença de Asa, rei de Judá, e admoestou dizendo: “Porque procuraste refúgio e salvação junto ao rei da Síria e não confiaste em Yahweh, o SENHOR teu Deus, o exército do rei da Síria escapou as tuas mãos.

[8] Acaso, não formavam os etíopes, os cuchitas, e os líbios um grande e poderoso exército, com muitíssimos carros de guerra e seus cavaleiros? Contudo, havendo tu confiado em Yahweh, o SENHOR, ele os entregou pessoalmente nas tuas mãos.

[9] Afinal, quanto ao SENHOR, seus olhos contemplam toda a terra, para revelar-se poderoso para com aqueles cujo coração é plenamente dele; nisto agiste como um louco, um insensato; por isso, desde agora, terás que enfrentar muitas batalhas!”

[10] Entretanto, o rei Asa se indignou contra o vidente e suas profecias e o lançou no cárcere, no tronco, porque se enfurecera contra a pessoa de Hanani por causa do que havia profetizado; na mesma ocasião, castigou brutalmente algumas pessoas do seu próprio povo.

[11] A história de Asa, rei de Judá, do começo ao fim, está narrada no Livro da História Reis de Judá e de Israel.

[12] No trigésimo nono ano do seu reinado, caiu Asa doente dos pés; a sua enfermidade era em extremo grave; contudo, ainda que estivesse passando muito mal e fosse mortal seu estado, não buscou socorro em Yahweh,

[7]Ngelo thuba ke imboni uHanani yeza kukumkani uAsa wakwaJuda, yathi kuye: “Ngenxa yokuba usuke wakholosa ngokumkani wama-Aram endaweni yokukholosa ngoNdikhoyo uThixo wakho, ngoko ke umkhosi wama-Aram uza kuphuncuka esandleni sakho.

[8]Andithi na amaKushe namaLibhiya ayengumkhosi onamandla onenyambalala yeenqwelo nabakhweli-mahashe? Kanti ke wathi ngokukholosa ngoNdikhoyo, yena wawunikela esandleni sakho loo mkhosi.

[9]Kaloku wona amehlo kaNdikhoyo akulo lonke ihlabathi, yaye ke uyabomeleza abo babambelele kuye ngokupheleleyo. Ewe, wenze into yobuyatha; ngoko ke ukusukela ngoku uza kuntyumpa-ntyumpeka emfazweni.”

[10]Kambe ke uAsa wasuka wakhathazeka yiloo nto yayithethwe yimboni kuye, ngangokuba ade ayibambe ayivalele entolongweni. Kananjalo ke uAsa wasuka ngoku wabangcungcuthekisa ngengcinezelo abanye abantu.

[11]Ke kaloku iziganeko zolawulo luka-Asa, ukusuka ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo zibhalwe encwadini yeembali zookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

[12]Ngonyaka wamashumi amathathu anethoba wolawulo lwakhe uAsa wangenelwa sisifo seenyawo. Nangona wayebambekile, naxa yayingasekuko,

o SENHOR, mas tão somente nos médicos de sua confiança.

13 Asa descansou com seus pais, morrendo no ano quarenta e um do seu reinado.

14 Ele foi sepultado no túmulo que tinha cavado para si na Cidade de Davi. Deitaram-no num leito repleto de especiarias raras e perfumes preparados segundo a arte dos melhores perfumistas; e fizeram uma grande fogueira em sua homenagem.

akazange afune uncedo kuNdikhoyo, koko wabhenela kumagqirha.

13Ke kaloku kunyaka wamashumi amane ananye wasweleka uAsa, waya kuphumla kooyise.

14Wangcwatywa kwingcwaba awayezenzele lona kwisixeko sikaDavide. Umzimba wakhe bawusebenza ngobulawu, loo nto beyenza ngobugcisa, bamqhola ngeendidi ngeendidi zeziqholo; baza ke bamzilela ngomlilo omkhulu.

2 Crônicas 17

Josafá e o seu cuidado em instruir o povo

1 Então, Iehoshafat, Josafá, o filho do rei Asa, passou a reinar em seu lugar, e fortaleceu-se contra Israel.

2 Posicionou suas tropas em todas as cidades fortes de Judá e dispôs guarnições militares na terra de Judá, como também nas cidades de Efraim que seu pai Asa havia conquistado.

3 Yahweh caminhava com Josafá, pois sua atitude foi aquela que de início seguira seu pai, e não se deixou seduzir pelos cultos aos baalins.

4 Antes, buscou ao Deus de seu pai e andou nos seus mandamentos, e não imitou as práticas pecaminosas do povo de Israel.

5 Por esse motivo Yahweh, o SENHOR, entregou o governo do reino em suas mãos; e todo o Judá trouxe presentes a Josafá; e ele acumulou muita riqueza e glória.

6 Seu coração se despertou para seguir corajosamente os caminhos de Yahweh, o SENHOR, e ele retirou de Judá os altares

2 Yeziganeko 17

UYoshafti ukumkani wakwaJuda

1Ke uYoshafati unyana ka-Asa wangena esikhundleni sikayise, waza ke wawomeleza umkhosi wakhe ukuze angoyiswa nguSirayeli.

2Wamisa umkhosi kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda; wamisa amabutho kwaJuda nakwiidolophu zakwaEfrayim ezazithinjwe nguyise uAsa.

3 UNdikhoyo ke waba naye uYoshafati kuba wayehamba ngeendlela uyise awayehamba ngazo kuqala. Wayengabuzisi kooBhali,

4koko efunana noThixo kayise, ehamba ngemiyalelo yakhe yonke, engazilandeli izenzo zamaSirayeli.

5UNdikhoyo wawuzinzisa phantsi kwakhe umbuso wakhe, waza wonke uJuda wazisa izipho kuye, waza ke wasisityebi, futhi wahlonelwa.

6Wayezinikezele ngentliziyo yakhe yonke kwiindlela zikaNdikhoyo; ngaphezu koko ke wazitshitshisa iindawo eziphakamileyo

idólatras e os totens pagãos chamados de postes-ídolos.

zonqulo kunye neentsika zika-Ashera kwelakwaJuda.

[7] No terceiro ano do seu reinado, enviou ele os seus príncipes Bene-Hail, Obadias, Zacarias, Natanael e Micaías para ensinarem nas cidades de Judá.

[7]Ke kaloku ngonyaka wesithathu wolawulo lwakhe uYoshafati wathumela la maphakathi ukuba aye kufundisa kwiidolophu zakwaJuda: uBhen-rhayili, uObhadiya, uZakariya, uNataniyeli, noMikaya.

[8] Com eles foram os levitas Semaías, Netanias, Zebadias, Asael, Semiramote, Jônatas, Adonias, Tobias, Tobe-Adonias e os sacerdotes Elisama e Jeorão.

[8]Ayekhatshwa ngaba baLevi: uShemaya, uNetaniya, uZebhadiya, uAsaheli, uShemiramoti, uYehonatan, uAdoniya, uLabhiya, uTobhiya, noTobhi-adoniya, nababingeleli uElishama noYoram.

[9] Eles percorreram todas as cidades do reino de Judá, levando consigo o Livro da Torá, Lei, de Yahweh, o SENHOR e dedicando-se à ministração e ao ensino do povo.

[9]Babephethe incwadi yomthetho kaNdikhoyo, baza ke bafundisa kulo lonke elakwaJuda, bazijikeleza iidolophu zakhona, bafundisa abantu.

[10] Então o temor do SENHOR caiu sobre todos os reinos das terras que estavam ao redor de Judá, de modo que não ameaçavam nem guerreavam contra Josafá.

[10]Ke kaloku uNdikhoyo watsho wahlonelwa zizo zonke izikumkani zemihlaba ejikeleze uJuda, ngaloo ndlela ke akwabikho sizwe sikathaza uYoshafati ngemfazwe.

[11] Alguns dos filisteus traziam presentes a Josafá, além da prata que pagavam como tributo; os árabes lhe ofereceram dos seus muitos rebanhos: sete mil e setecentos carneiros, e sete mil e setecentos bodes.

[11]AmaFilistiya athile arhuma ngezipho nangesiliva, aza ama-Arabhu amzisela imihlambi: amawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eenkunzi zeegusha, namawaka asixhenxe anamakhulu asixhenxe eebhokhwe.

[12] Assim Josafá ia se tornando cada vez mais poderoso e conhecido; edificou fortalezas e cidades-armazéns em Judá,

[12]UYoshafati waya esomelela ngokomelela. Wakha iinqaba nezixeko ezingoovimba kwaJuda,

[13] e mantinha muita munição nas cidades fortes de Judá, bem como soldados, guerreiros, treinados e destemidos, em Jerusalém.

[13]kananjalo umphako omninzi ewugcina kwiidolophu zakwaJuda. Wayenawo namajoni anamava, ewagcina eJerusalem.

[14] Este, portanto, é o número deles segundo as suas famílias: em Judá, eram comandantes de mil: o chefe Adná, com

[14]Nalu uludwe lwawo ngokwemilibo: KwaJuda: iingqwayi-ngqwayi zamabutho:

trezentos mil homens treinados para combate;

uAdena ingqwayi-ngqwayi eyayinamajoni angamakhulu amathathu amawaka;

15 em seguida o líder Joaná, com duzentos e oitenta mil;

15kulandele uYohanan ingqwayi-ngqwayi eyayinamajoni angamawaka angamakhulu amabini anamashumi asibhozo;

16 depois, Amasias, filho de Zicri, que se apresentou voluntariamente para o serviço de Yahweh, com seus duzentos mil homens valentes.

16kuze uAmasiya unyana kaZikri owazinikezela ngokwakhe ukusebenzela uNdikhoyo enamajoni angamawaka angamakhulu amabini.

17 De Benjamim: Eliadá, homem nobre e corajoso, com duzentos mil soldados armados de arco e de escudo;

17KwaBhenjamin: uEliyada, igorha lomfo owayenamajoni axhobe ngeentolo namakhaka – amawaka angamakhulu amabini;

18 depois dele Jozabade, com cento e oitenta homens treinados para a batalha.

18kulandele uYozabhadi enamajoni axhobele imfazwe alikhulu elinamashumi asibhozo lamawaka.

19 Estes eram os homens que serviam o rei, além dos que estavam estrategicamente posicionados nas cidades fortes por toda a terra de Judá.

19La ke ngamadoda awayesebenzela ukumkani, ngaphandle kwalawo awayehlaliswa kwizixeko ezinqatyisiweyo kulo lonke elakwaJuda.

2 Crônicas 18

Aliança entre Josafá e Acabe

1 Josafá possuía grande riqueza e muita glória, e se tornou parente do rei Ahav, Acabe.

2 Depois de alguns anos, ele foi encontrar-se com Acabe em Shomron, Samaria. Acabe mandou matar muitas ovelhas e bois e preparou um banquete para ele e todo o povo que o acompanhava, e o persuadiu a subir com ele para atacar a Ramote-Gileade.

3 Acabe, rei de Israel, indagou a Josafá, rei de Judá: “Irás, porventura, comigo lutar contra Ramote-Gileade?” Ao que Josafá prontamente retrucou-lhe: “Sou com tu, e

2 Yeziganeko 18

UMika ulumkisa uAhabhi

(1 Kum 22:1-28)

1Ke kaloku uYoshafati wayemkhulu ngobutyebi nesidima, waza wazihlobanisa noAhabhi ngobulawu.

2Emva kweminyaka ke waya kutyelela uAhabhi eSamariya. UAhabhi ke wamxhelela iigusha ezininzi, ngokunjalo neenkomo, esenzela yena neqela lakhe; kananjalo wamcenga ukuba ahlasele iRamoti yaseGiliyadi.

3UAhabhi ukumkani wakwaSirayeli wacela uYoshafati wathi: “Uya kuhamba nam na, silwe neRamoti yaseGiliyadi?” UYoshafati wathi: “Mna nawe sibanye; abantu bam

meu povo é como o teu povo; eis que estaremos contigo na guerra!”

[4] Contudo, acrescentou: “Rogo-te que busques primeiro o conselho de Yahweh, o SENHOR!”

[5] Então o rei de Israel convocou quatrocentos profetas, e lhes questionou: “Devemos partir e atacar Ramote-Gileade ou é melhor deixarmos de fazê-lo?” Eles responderam-lhe: “Vai, Deus a entregará nas mãos do rei!”

[6] Entretanto Josafá indagou: “Não há aqui mais algum profeta do SENHOR a quem possamos consultar?”

[7] O rei de Israel respondeu a Josafá: “Em verdade há ainda um, pelo qual se pode consultarYahweh, mas eu o odeio, porque nunca profetiza o bem a meu respeito, mas sempre o mal; é Mihaiáhu ben Imlá, Micaías filho de Inlá. Mas Josafá ponderou: “Não digas isso, ó rei.”

[8] Então o rei de Israel chamou um oficial e ordenou-lhe: “Manda vir depressa Micaías, filho de Inlá!

[9] O rei de Israel e Josafá, o rei de Judá, vestidos de trajes reais, estavam assentados cada um no seu respectivo trono, na praça da entrada de Samaria; e todos os profetas profetizavam diante deles.

[10] Então Tsidkiáhu ben Kenaana, Zedequias filho de Quenaaná, moldou para si uns chifres de ferro e exclamou: “Com estes ferirás os sírios, até que sejam completamente derrotados!”

ngabantu bakho. Siya kuba kunye kule mfazwe.”

[4]Kodwa ke uYoshafati waleka ngelithi kukumkani wakwaSirayeli: “Khawuqale ubuzise kuNdikhoyo.”

[5]Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli waqokelela abashumayeli abangamakhulu amane, wabuza wathi: “Singaya kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” Bathi: “Yiya; uThixo uza kuyinikela esandleni sikakumkani.”

[6]Kambe ke uYoshafati wathi: “Akusekho mshumayeli kaNdikhoyo na apha esinokubuza kuye?”

[7]Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Kusekho indoda enye esingabuzisa ngayo kuNdikhoyo, kodwa ke mna ndiyithiyile, kuba ayishumayeli okuhle ngokubhekisele kum, soloko ibububi bodwa. Igama layo nguMika, unyana kaImla.” UYoshafati wathi: “Hayi bo, ukumkani makangathethi njalo.”

[8]Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli wabiza elinye lamaphakathi akhe, wathi kulo: “Khawuleza uze noMika, unyana kaImla.”

[9]Ke kaloku ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda babevethe ezobukhosi, bengqendeve ezihlalweni zabo esandeni sokubhula esikufuphi nesango laseSamariya, nabashumayeli belapho phambi kwabo beshumayela.

[10]Ke uZedekiya, unyana kaKenana, wayenze iimpondo ngentsimbi, waza ke wathi: “Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Ngezi mpondo ùya kuwahlaba uwatshabalalise ama-Aram.’ ”

[11] E todos os profetas profetizavam o mesmo: “Ataca Ramote-Gileade e serás bem sucedido, porquanto o SENHOR a entregará nas mãos do rei!”

[12] O mensageiro que tinha ido chamar Micaías lhe anunciou: “Eis que os profetas são unânimes em suas profecias em favor do rei; vede que também a tua palavra seja como a de um deles, e fala o que é bom e agradável!”

[13] Porém Micaías afirmou: “Assim como vive Yahweh, o SENHOR, o que meu Deus me revelar, isso declararei.”

[14] Quando Micaías entrou na presença do rei, este lhe indagou: “Micaías, devemos marchar contra Ramote-Gileade ou não?” Ao que ele respondeu prontamente: “Atacai e sereis bem sucedidos; e eles serão todos entregues nas vossas mãos!”

[15] Mas o rei retrucou-lhe: “Quantas vezes terei que te pedir que não me fales senão a verdade diante de Yahweh, o Nome do SENHOR?

[16] Então o profeta declarou: “Vi todo o Israel disperso pelos montes, como ovelhas que não tem pastor; e Yahweh revelou: ‘Estes não têm senhor; volte cada um em paz para casa!”

[17] Então o rei de Israel disse a Josafá: “Eu não te disse que ele não profetizaria nada favoravelmente a meu respeito, mas tão somente prognósticos de derrota?”

[18] Todavia, Micaías prosseguiu dizendo: “Ouvi a Palavra de Yahweh, o SENHOR! Eis que vi o SENHOR assentado no seu trono, e

[11]Nabanye ke abashumayeli bashumayela kwaloo nto, besithi: “Phakathi! Yihlasele iRamoti yaseGiliyadi. Uza kuyoyisa, kuba uNdikhoyo uyinikele esandleni sikakumkani.”

[12]Ke isigidimi esasiphuthume uMika sathi kuye: “Uyabona ke, abanye abashumayeli batsho ngazwi-nye kukumkani ukuthi uza kuphumelela. Nawe ke uze ungaphikisani nabo, koko uthethe okuhle.”

[13]UMika ke yena wathi: “Ekho nje uNdikhoyo, ndiza kuthetha kuphela loo nto andixelela yona uThixo wam!”

[14]Akuba efikile ke, ukumkani wathi kuye: “Mika, singaya kulwa na neRamoti yaseGiliyadi, okanye ndirhoxe?” UMika wathi: “Phakathi! Yihlasele; uya kuyoyisa, kuba baza kunikelwa esandleni senu!”

[15]Ukumkani wathi kuye: “Koda kube kangaphi ndikufungisa ndisithi musa ukundixelela nto yimbi ngaphandle kwenyaniso egameni likaNdikhoyo?”

[16]UMika wathi: “Ewe, uSirayeli ndimbone ethe saa ezintabeni, engathi ziigusha ezingenamalusi; waza uNdikhoyo wathi: ‘Aba bantu abanankosi, ngoko ke elowo nalowo makagoduke ngoxolo.’ ”

[17]Ukumkani wakwaSirayeli wathi kuYoshafati: “Bendingatshongo na kuwe ukuba lo mfo akaze ashumayele into entle ngam, koko zezimbi zodwa!”

[18]Ke uMika waqhuba wathi: “Ngoko ke liveni ilizwi likaNdikhoyo. UNdikhoyo ndimbone ehleli esihlalweni sakhe, umkhosi

todo o exército celestial em pé à sua direita e à sua esquerda.

wonke wasezulwini umi ngasekunene nangasekhohlo kwakhe.

[19] E eis que Yahweh indagou: 'Quem enganará Acabe, rei de Israel, para atacar Ramote-Gileade e lá perder a vida?' E um sugeria de uma maneira, e outro, de outra.

[19]Waza ke yena wathi: 'Yaz' ukuba ngubani na oya kulukuhla uAhabhi aze ahlasele iRamoti yaseGiliyadi, khon' ukuze afele khona?' Omnye uthethe ngolu hlobo, waza ke omnye wathetha ngoluya.

[20] Então, finalmente, surgiu um espírito e apresentou-se ao SENHOR dizendo: 'Eu o enganarei!'. Diante do que perguntou-lhe o SENHOR: 'De que maneira?'

[20]Ekugqibeleni ke kuvele moya uthile, wema phambi koNdikhoyo, wathi: 'Ndiya kumlukuhla mna.'

[21] E o espírito respondeu: 'Irei e serei um espírito mentiroso na boca de todos os profetas do rei' Então declarou-lhe o SENHOR: 'Vá e realiza teu intento. Tu, de fato, o enganarás e prevalecerás contra ele!'

[21]'Uya kumlukuhla kanjani?' ubuzile uNdikhoyo. Umoya lowo uthe: 'Ndophuma ndiye ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni wabo bonke abashumayeli.' Waza ke uNdikhoyo wathi: 'Hamba ke, wenjenjalo; uya kuphumelela ekumlukuhleni.'

[22] E o SENHOR pôs um espírito mentiroso na boca destes teus profetas. Yahweh, o SENHOR, portanto, é quem determinou a tua desgraça e derrota!"

[22]Ke ngoku uNdikhoyo ufake umoya wobuxoki emilonyeni yabo bonke aba bashumayeli bakho. Ewe, uNdikhoyo ukumisele intlekele."

[23] Imediatamente Zedequias, filho de Quenaaná, aproximou-se, deu um tapa no rosto do profeta Micaías e interrogou: "Como o Espírito do SENHOR me deixou para falar a ti?"

[23]Wasuka ke uZedekiya unyana kaKenana waya kuMika, wafika wamqhwaba ngempama, wathi: "Ugqithe phi na kum loo moya kaNdikhoyo ukuba aye kuthetha kuwe?"

[24] Ao que Micaías respondeu: "Tu o verás no dia que tiveres de vaguear de um aposento a outro a fim de te esconderes."

[24]UMika wathi: "Loo nto uya kuyiqonda mhla waya kuzimela kwigumbi elingaphakathi."

[25] Então o rei exclamou com indignação: "Pegai Micaías e levai-o de volta a Amom, o governador da cidade, e a Joás, filho do rei,

[25]Ukumkani wakwaSirayeli wathi: "Mthatheni uMika lo, nimse kuAmon usibonda wesixeko noYowashe unyana kakumkani,

[26] com a seguinte mensagem: "Assim diz o rei: Prendei este homem no cárcere e sustentai-o somente a pão e água até que eu volte em paz!"

[26]nithi: 'Utsho ukumkani ukuthi: Valelani lo mfo entolongweni, angatyi nto ngaphandle komxheshwana wesonka namanzi, ndide ndibuye ndiphilile.' "

[27] E Micaías ainda concluiu: “Se voltares em paz, Yahweh, o SENHOR, não falou por mim.” E disse mais: “Ouvi, todos do povo, as palavras que ora vos proclamo!”

A guerra contra Ramote-Gileade e a morte de Acabe

[28] Então o rei de Israel e Josafá, rei de Judá, partiram com o objetivo de atacar Ramote-Gileade.

[29] E o rei de Israel confidenciou a Josafá: “Eu me disfarçarei e entrarei na batalha; tu, porém, vestes os trajes reais!” E assim se fez. O rei de Israel disfarçou-se, e ambos foram para o combate.

[30] O rei da Síria havia ordenado a seus chefes dos carros de guerra: “Não lutareis nem contra soldados nem contra oficiais, mas tão somente contra o próprio rei de Israel.

[31] Então, quando os capitães dos carros avistaram Josafá, imediatamente deduziram: “Eis que vem ai o rei de Israel!” E o cercaram para atacá-lo, mas Josafá clamou, e Yahweh, o SENHOR, o livrou. Deus os afastou dele,

[32] pois, quando os capitães dos carros viram que não era o rei de Israel, deixaram de persegui-lo.

[33] De repente, um soldado disparou seu arco ao acaso e atingiu o rei de Israel entre os encaixes da sua armadura abdominal. Então o rei ordenou ao condutor do seu carro:

[27]Ke uMika wathi: “Ukuba ngaba ungabuya uphilile, woba uNdikhoyo engathethanga ngomlomo wam.” Waza ke wongezelela ngelithi: “Wagqaleni la mazwi xa ninonke, bantundini!”

Ukufa kuka-Ahabhi

(1 Kum 22:29-35)

[28]Ngoko ke ukumkani wakwaSirayeli noYoshafati ukumkani wakwaJuda benyuka baya eRamoti yaseGiliyadi.

[29]Ukumkani wakwaSirayeli wathetha noYoshafati, wathi: “Mna ndiza kungena kweli dabi ndinxibe ngendlela eya kundenza ndingaqondakali ukuba ndingukumkani, kodwa ke wena nxiba ezobukhosi.” Ke ukumkani wakwaSirayeli wazenza mntu wumbi, waza ke waya apho edabini.

[30]Ke ukumkani wama-Aram waziyalela iingqwayi-ngqwayi zeenqwelo zakhe wathi: “Ze ningalwi naye nawuphi na omnye umntu, nokuba ngomncinci, nokuba ngomkhulu, yilwani nokumkani wakwaSirayeli yedwa.”

[31]Zithe ke iingqwayi-ngqwayi zeenqwelo zakubona uYoshafati, zacinga zathi: “Nguye lo ukumkani wakwaSirayeli.” Ngoko ke zaphethuka zafunzela kuye, kodwa uYoshafati wasuka wakhala, waza ke uNdikhoyo wamhlangula. Ewe, uThixo wenza ukuba zirhoxe zimke ngakuye;

[32]kaloku zathi iingqwayi-ngqwayi ezo zakuqonda ukuba akanguye ukumkani wakwaSirayeli, zayeka ukumsukela.

[33]Kambe ke joni lithile lasuka lajolisa nje ngokungakhathali ngotolo, suka lachana ukumkani wakwaSirayeli, utolo lwangena ekudibaneni kwezikhuselo awayezinxibile.

"Volta e tira-me da batalha, porque estou gravemente ferido!"

[34] O combate ficou mais acirrado durante todo aquele dia, e assim, o rei de Israel teve que enfrentar os arameus em pé no seu carro, até o final da tarde. E, ao pôr-do-sol, morreu Acabe.

Ukumkani wathetha nomqhubi wenqwelo yakhe, wathi: "Bandingxwelerhile; yijike inqwelo, siphume edabini."

[34]Idabi laqhuba ke yonke loo mini, wabe yena ukumkani wakwaSirayeli emi ebambelele enqwelweni yakhe, ejongise ngakuma-Aram kwada kwahlwa. Kambe ke ukutshona kwelanga wafa.

2 Crônicas 19

O profeta Jeú repreende a Josafá

[1] Quando Josafá, rei de Judá, retornou em segurança ao seu palácio em Jerusalém,

[2] o vidente e profeta Iehú ben Hanáni, Jeú filho de Hanani, saiu ao seu encontro e o admoestou dizendo: "Devias tu emprestar o teu auxílio ao ímpio e demonstrar solidariedade àqueles que odeiam a Yahweh? Ora, por conta desse erro virá sobre ti grande ira da parte do SENHOR!

[3] Contudo, uma virtude se acha em ti, porquanto destruíste os totens de idolatria, os postes-ídolos da terra e dispuseste teu coração para sinceramente buscar a Deus.

[4] Josafá residia em Jerusalém; e percorreu de novo toda a nação, desde Berseba até os montes de Efraim, levando o povo a voltar-se inteiramente a Yahweh, o SENHOR Deus de seus antepassados.

[5] Estabeleceu juízes na terra para todas as cidades fortificadas de Judá, de cidade em cidade;

[6] e recomendou aos juízes: "Vede bem o que fazeis, porquanto não administrais a justiça simplesmente em nome dos seres humanos mas em o Nome do SENHOR, Yahweh, que

2 Yeziganeko 19

[1]Ke kaloku uYoshafati ukumkani wakwaJuda wabuyela ebhotwe eJerusalem esindile,

[2]waza ke wahlangatyezwa yimboni uYehu unyana kaHanani, wathi kukumkani: "Ngaba kulungile ukuba usize isikhohlakali, ubathande abo bamthiyileyo uNdikhoyo? Ngenxa yesi senzo ke ingqumbo kaNdikhoyo iphezu kwakho.

[3]Kambe ke kukho le ndawana ikuthethelelayo, le yokuba wazisusa iintsika zika-Ashera kweli lizwe, waza wena wazimisela ukufunana noThixo."

UYoshafati umisela iinkokheli

[4]UYoshafati wahlala eJerusalem, wabuya wahamba-hamba phakathi kwabantu, athi eseBheshebha, abe ekweleentaba zakwaEfrayim. Abantu wababuyisela kuNdikhoyo uThixo wooyise.

[5]Wamisela abagwebi kuzo zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

[6]Wathi kubo: "Zigqaleni ngenyameko izinto enizenzayo. Kaloku ezo zigqibo nizenzayo anizenzeli abantu, koko nizenza egameni

está convosco, observando o vosso proceder, quando pronunciais uma sentença!

likaNdikhoyo. Yena ke uhlala enani nanini na nisiwisa isigwebo.

7 Que o temor de Yahweh, o SENHOR, desde agora esteja convosco; tende portanto muito cuidado no que fazeis, porque não há injustiça ou parcialidade no SENHOR nosso Deus, e ele não aceita qualquer espécie de suborno!"

7Ngoko ke mhloneleni uNdikhoyo. Ze nigwebe ngenyameko, kuba yena uNdikhoyo uThixo wethu akayenzi into engekho mthethweni; akanagobe, yaye ke akanyobeki."

8 Além disso, logo depois de retornar a Jerusalém, o rei Josafá nomeou na cidade alguns sacerdotes, levitas e chefes de famílias israelitas, para julgarem questões referentes à Torá, Lei de Yahweh, bem como mediarem e resolverem as controvérsias e causas civis entre os cidadãos.

8NaseJerusalem ke uYoshafati wamisela abanye abaLevi nababingeleli neentloko zezindlu zakwaSirayeli, ukuze baphuhlise umthetho kaNdikhoyo, balamle iimbambano. Ke babehlala eJerusalem.

9 E lhe ordenou: "Desempenhareis tais obrigações sob o temor de Yahweh, o SENHOR, com absoluta fidelidade e integridade de coração.

9Wabayalela ngolu hlobo: "Sebenzani ngentembeko nangomxhelo wenu wonke, nimhlonela uNdikhoyo.

10 Seja, portanto, qual for o processo que apresentarem diante de vós vossos irmãos residentes em suas cidades: questões de derramamento de sangue e homicídio, ou mesmo questionamentos quanto à interpretação e aplicação da Torá, Lei, seus mandamentos, decretos ou ainda às ordenanças, adverti-os severamente para que eles não se tornem culpados diante de Yahweh e sua ira não se inflame contra vós e contra vossos irmãos; mantendo os cidadãos devidamente informados sobre estes estatutos não sereis culpados pelos erros do povo.

10Kumbandela ngamnye oza kuni uphuma kumawenu ahlala ezixekweni (nokuba ngumcimbi wokuphalala kwegazi, okanye izinto eziphathelele emthethweni, imiyalelo, imimiselo, okanye imiqathango ethile) nina balumkiseni bangamoni uNdikhoyo, kungenjalo ingqumbo yakhe yoba phezu kwenu namawenu lawo. Yenzani loo nto ke ukuze ningoni.

11 Tereis o sumo sacerdote Amariáhu, Amarias, para vos presidir no tocante a todos os assuntos de Yahweh, o SENHOR; e Zevadiáhu ben Ishmael, Zebadias filho de

11"Umbingeleli omkhulu uAmariya nguye oya kunongamela kwimicimbi ephathelele kuNdikhoyo; kanti ke yena uZebhadiya unyana kaIshmayeli wonongamela

Ismael, chefe da tribo de Judá, para orientá-los e decidir sobre todos os assuntos e negócios relativos ao rei; os levitas também serão oficiais diante de vós. Procedei, pois, com nobreza e coragem, e que Yahweh, o SENHOR, seja com os que são leais e honestos!"

kweziphathelele kukumkani. Ke bona abaLevi boba ngabaququzeleli benu. Yomelelani nizimisele! Ngamana ke uNdikhoyo wangakubo bonke abenza okulungileyo."

2 Crônicas 20

Deus concede a Josafá vitória sobre os seus inimigos

[1] Depois disto, os filhos de Moabe, os moabitas, e os filhos de Amom, os amonitas, juntamente com alguns dos meunitas, decidiram atacar o reino de Josafá.

[2] Então, vieram alguns que avisaram a Josafá, exclamando: "Grande multidão vem contra ti de Edom, do outro lado do mar Morto. Eis que os guerreiros já estão em Hazazom-Tamar, cidade conhecida por En-Guêdi!"

[3] Então Josafá sentiu grande medo, decidiu buscar o socorro do SENHOR, e convocou jejum nacional em toda a terra de Judá.

[4] Todo o povo de Judá se congregou para rogar o auxílio de Yahweh; também de todas as cidades de Judá veio gente para buscar o SENHOR.

[5] Durante essa assembleia geral de Judá e dos habitantes de Jerusalém realizada na Casa de Yahweh, o templo do SENHOR, o rei Josafá colocou-se em pé diante da comunidade no pátio novo,

[6] e exclamou: "Ó Yahweh, SENHOR Deus de nossos pais, não é tu Deus que habitas soberano os céus? Não és tu que governas sobre todos os reinos das nações da terra?

2 Yeziganeko 20

UYoshafati woyisa amaMowabhi nama-Amon

[1]Ke kaloku emva koku amaMowabhi nama-Amon ekunye namaMawunaya kulwa noYoshafati.

[2]Abathile ke beza kuxelela uYoshafati bathi: "Nantso inyambalala yomkhosi ophuma e-Edom isiza kukuhlasela, ingaphaya ngapheseya kolwandle. Seyichophele ukuhlasela iphaya eHazezon-tamare." (YiEngedi ke leyo.)

[3]UYoshafati ke wothuka, wazimisela ukufuna uncedo kuNdikhoyo, wamisela inzila kuJuda ewonke.

[4]AbakwaJuda ke baqokelelana ukuza kufuna uncedo kuNdikhoyo; ewe, beza bephuma kuzo zonke iidolophu zakwaJuda befuna uNdikhoyo.

[5]Ke uYoshafati waphakama apho kwelo bandla likaJuda kunye neJerusalem endlwini kaNdikhoyo phambi kwaloo nkundla intsha,

[6]waza wathi: "Ndikhoyo, Thixo woobawo, andithi na kaloku unguThixo osezulwini? Nguwe olawula zonke izikumkani zezizwe. Amandla nokomelela kusesandleni sakho; akukho mntu unokumelana nawe.

Na tua mão há poder e força, e não há quem te possa resistir.

[7] Ó Yahweh! Não és tu que és nosso Deus, que, diante de Israel, teu povo, desalojaste os habitantes pagãos desta terra? Não a deste à descendência de Abraão, a qual amarás para sempre?

[8] Nela se estabeleceram e construíram um santuário para Yahweh, o teu Nome, proclamando:

[9] 'Se algum mal nos sobrevier, espada, juízo, praga, ou fome, nós nos colocaremos perante tua presença diante deste templo, porquanto ele leva o teu Nome: ó Yahweh! A ti, pois, ergueremos o nosso clamor e a nossa aflição, e estamos certos de que tu nos ouvirás e nos salvarás!'

[10] Agora, portanto, eis que os descendentes de Amom e de Moabe e os habitantes do monte Seir, cujas terras não permitiste a Israel invadir, quando vinha do Egito e, por esse motivo, os israelitas se desviaram deles e não os destruíram.

[11] Vê, pois, nesse momento, como estão nos retribuindo, ao partirem contra nós a fim de expulsar o teu povo da terra que nos deste por herança.

[12] Ó nosso Deus, acaso não exercerás teu juízo sobre eles, posto que não temos poder suficiente para enfrentar esse exército imenso que vem nos atacar? Eis que não sabemos o que fazer, contudo nossos olhos se voltam para ti!"

[13] E todos os homens de Judá, com suas mulheres e seus filhos, até as crianças de colo, estavam ali em pé, buscando ao SENHOR.

[7]Ke kaloku, wena Thixo wethu, wabadudula wabakhupha abemi beli lizwe, amaSirayeli ebukele, waza lona walinikela ukuba libe lelesizukulwana sika-Abraham isihlobo sakho ngonaphakade.

[8]Bema kulo ke, baza kulo bakha indawo engcwele egameni lakho, besithi:

[9]'Sothi sakufikelwa sisithwakumbe, noba sisibetho sekrele, ubhubhani, noba yindlala, thina sime phambi kwakho kule ndlu ibizwa ngegama lakho, sikhale kuwe embandezelweni yethu, ke wena usiphulaphule usihlangule.'

[10]"Ngoko ke ngoku nanga ama-Amon, amaMowabhi nâbo bentaba iSeyire, ummandla lowo wena ungavumanga ukuba awuhlasele uSirayeli ukuphuma kwakhe eJiputa, waza ke uSirayeli wabacezela akabatshabalalisa.

[11]Khawubone ke indlela abasibuyekeza ngayo ngokuza kusigxotha kwisabelo owasinika ukuze sibe lilifa lethu.

[12]Thixo wethu, khawubohlwaye. Thina ngokunokwethu asinawo amandla okujongana nale nyambalala yomkhosi osihlaselayo. Ewe, asazi nemasikwenze, koko amehlo ethu akhangele kuwe."

[13]Onke amadoda akwaJuda, nabafazi, nabantwana, neentsana, bema phambi koNdikhoyo.

14 Então, aconteceu que o Espírito de Yahweh, o SENHOR, veio sobre Jaaziel, filho de Zacarias, neto de Benaia, bisneto de Jeiel e trineto de Matanias, levita descendente de Asafe, no meio do povo reunido em assembleia.

14Ke uMoya kaNdikhoyo wafikela uYaziyeli unyana kaZakariya, kaBhenaya, kaYehiyeli, kaMataniya umLevi oyinzala ka-Asafu, emi njalo apho ebandleni.

15 E falou o profeta: "Prestai atenção, todo o Judá, e vós, habitantes de Jerusalém, e tu, ó rei Josafá. Assim diz o SENHOR: 'Não temais, nem vos assusteis por causa dessa grande multidão que se dirige contra vós, porquanto essa luta não é vossa, mas de Deus.

15Wathi: "Phulaphulani, kumkani uYoshafati nani bemi bakwaJuda naseJerusalem. UNdikhoyo uthi kuni: 'Sanukoyika; ze ningatyhafi ngenxa yale nyambalala yomkhosi. Kaloku imfazwe le asiyoyenu, yekaThixo.

16 Amanhã descereis contra tal exército; eis que eles estão subindo pela ladeira de Ziz, e os encontrareis na extremidade do vale, defronte do deserto de Jeruel.

16Ngomso phumani niye kubo. Ke bona boba beqabela kwinkalo yaseZizi; nina nobafumana ekupheleni kwengxingwa kwintlango kaJeruweli.

17 Não tereis que lutar nesta batalha; tomai posição, ficai parados e observai o livramento que Yahweh vos concederá, ó Judá e Jerusalém! Não temais, pois, nem vos assusteis. Saí amanhã para encontrá-los, porque o SENHOR está convosco!"

17Asinini abaya kulilwa eli dabi. Yimani ngeendawo zenu, niqingqe nje, nibukele uNdikhoyo enihlangula, ndlundini kaJuda nani bemi baseJerusalem. Ze ningoyiki okanye nityhafe. Ngomso phumani nijongane nabo, uNdikhoyo uya kuba nani.' "

18 Então, Josafá se ajoelhou com o rosto rente ao chão; e todo o Judá e os moradores de Jerusalém de igual modo se prostraram perante Yahweh e começaram a louvar e adorar ao SENHOR.

18UYoshafati waguqa, ubuso ebujongise emhlabeni, nabantu bakwaJuda nabaseJerusalem bawa phantsi, banqula uNdikhoyo.

19 Os levitas da descendência dos coatitas e dos coraítas se ergueram para louvar com grande voz a Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel.

19Ke abaLevi abathile, abangamaKohati namaKora, basuka bema ngeenyawo badanduluka kanobom bebonga bedumisa uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

20 No outro dia, ao romper da aurora, eles se levantaram e partiram em direção ao deserto de Tecoa. Ao saírem, o rei Josafá colocou-se em pé diante do povo e

20Bavuka kusasa ngengomso, baphuma bajonga kwintlango yaseTekowa. Xa baphumayo ke uYoshafati wema wathi: "Ndiphulaphuleni, maJuda nani bemi

exclamou: “Ouvi-me, ó Judá e moradores de Jerusalém! Crede sem sombras de dúvidas em Yahweh, o SENHOR vosso Deus, e estareis sempre seguros; confiai nos profetas do SENHOR, e sereis bem sucedidos!”

baseJerusalem! Kholosani ngoNdikhoyo uThixo wenu, yaye ke yena uya kunixhasa. Ukuba niyabathemba abashumayeli bakhe niya kuphumelela.”

[21] Depois de ouvir e deliberar com o povo, designou cantores para louvar ao SENHOR que saíssem na frente do exército, vestidos de trajes sagrados, adorando e entoando: “Rendei graças ao SENHOR, porque a sua misericórdia dura para sempre!”

[21]Akuba ethetha-thethene nabantu uYoshafati wamisela iimvumi zokuculela uNdikhoyo, ukuze zimbonge ngenxa yobunewu-newu bobungcwele bakhe. Zawukhokela ke umkhosi lowo, zimemelela zisithi: “Bulelani kuNdikhoyo, kuba izibele zakhe zimi ngonaphakade.”

[22] Quando começaram a cantar e a dar louvores, o SENHOR provocou emboscadas contra os soldados de Amom, de Moabe e os guerreiros dos montes de Seir, que estavam invadindo as terras de Judá, e eles foram todos derrotados.

[22]Bathe bakucula bedumisa, suka uNdikhoyo wawurhwaqelisa umkhosi wama-Amon namaMowabhi, nâbo bentaba iSeyire ababehlasela uJuda; kubo yaba ngathi bangqingiwe, baza ke boyiswa.

[23] Os homens de Amom e de Moabe atacaram os habitantes do monte Seir, para os destruir e aniquilar. Logo depois de terem liquidado todos os homens de Seir, voltaram-se uns contra os outros e lutaram até a morte de todos.

[23]Kaloku ama-Amon namaMowabhi asuka avukelana namadoda entaba iSeyire, awangenela awatshabalalisa. Akuba ewagwintile amadoda aseSeyire, ajika abulalana kwaodwa.

[24] Assim que os homens de Judá chegaram ao posto de vigilância, lugar de onde se avista o deserto, e observaram o imenso exército inimigo, viram somente cadáveres no chão; nem um só guerreiro havia escapado daquele massacre.

[24]Athe ke amaJuda akufika kwindawo evelele intlango leyo, akuwujonga loo mkhosi mkhulu kunene, kuphela abona izidumbu zithe gangalala emhlabeni, kungekho nomnye osindileyo.

[25] Então Josafá e os seus soldados partiram e foram saquear os cadáveres e encontraram entre eles grande quantidade de equipamentos, jóias, roupas e objetos de valor; passaram três dias saqueando esse despojo de guerra, porquanto havia muito mais do que podiam carregar.

[25]Ngoko ke uYoshafati namadoda akhe basuka bachola-chola amaxhoba: impahla eyayikwezo zidumbu, nezinye izinto ezixabisekileyo – intabalala ababengenako ukuyiphatha yonke. Amaxhoba lawo ayemaninzi kangangokuba bathatha iintsuku ezintathu ukuwaqokelela.

[26] No quarto dia eles se reuniram no vale Berahá, Benção, onde louvaram a Yahweh, o SENHOR. Por essa razão, até nossos dias, esse lugar é chamado de Vale da Benção, Berahá ou Beraca.

[26]Ngosuku lwesine ke bahlanganisana kwintili yeBheraka, baza ke apho bamdumisa uNdikhoyo. Kungoko ke loo ndawo kwathiwa yintili yeBheraka unanamhlanje.

[27] Mais tarde, ainda sob a liderança de Josafá, todos os homens de Judá e de Jerusalém retornaram satisfeitos e exultantes para Jerusalém, porquanto Yahweh, o SENHOR, os abençoara com plenitude de alegria, dando-lhes vitória sobre os seus inimigos.

[27]AbakwaJuda naseJerusalem ke bonke bakhokelwa nguYoshafati, bajika bevuya baya eJerusalem. Kaloku uNdikhoyo wabatsho banemincili bavuya phezu kweentshaba zabo.

[28] Entraram na Cidade de Jerusalém e se dirigiram à Casa de Yahweh, ao templo do SENHOR, ao som de cânticos, liras, harpas e trombetas.

[28]EJerusalem bangena bajonga endlwini kaNdikhoyo bekhalisa iihapu, imirhubhe, namaxilongo.

[29] O temor de Deus veio sobre todas as nações, quando souberam como Yahweh havia guerreado contra os inimigos de Israel.

[29]Ithe ke yakuvakala imbali yokulwa kukaNdikhoyo neentshaba zikaSirayeli, suka zonke izizwe nezikumkani zamoyika zamhlonela uThixo.

[30] E o reinado de Josafá transcorreu em tranquilidade, porquanto o seu Deus lhe concedeu paz em todas as fronteiras de suas terras.

[30]Umbuso kaYoshafati ke waxhamla uxolo, kuba kaloku uThixo wakhe wayemnike ukuphumla macal' onke.

Isiphelo sokulawula kukaYoshafati
(1 Kum 22:41-50)

[31] Josafá tinha trinta e cinco anos de idade quando foi proclamado rei de Judá. Ele exerceu seu governo em Jerusalém durante vinte e cinco anos. A sua mãe se chamava Azuvá bat Shilhi, Azuba filha de Sili.

[31]Ngoko ke uYoshafati wamlawula uJuda. Ukuqala kwakhe ukulawula wayeneminyaka emashumi mathathu anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anantlanu. Unina yayinguAzubha intombi kaShili.

[32] Como Asa, seu pai, havia procedido antes dele, Josafá agiu de modo aprovado pelo SENHOR Deus.

[32]Yena wahamba ngeendlela zikayise uAsa, akanxaxha kuzo; ewe, yena wayesenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo.

[33] Entretanto, os lugares pagãos de culto e adoração às divindades não foram destruídos, porquanto o povo ainda não

[33]Kambe ke zona iindawo eziphakamileyo zonqulo zange zitshitshiswe; abantu

tinha disposto o coração para adorar somente e plenamente ao Deus dos seus pais.

[34] Todas as demais realizações do rei Josafá, desde o início até o fim do seu reinado, estão escritas nas Crônicas de Jeú, filho de Hanani, que faz parte do Livro da História dos Reis de Israel.

[35] Depois desses acontecimentos, Josafá, rei de Judá, se tornou aliado de Acazias, rei de Israel, que vivia uma vida cheia de iniquidades e maldades.

[36] Eles fizeram um acordo para construírem navios que fossem até Társis, na Espanha; os tais navios, capazes de vencer grandes mares, foram construídos em Eziom-Geber.

[37] Entretato, Eliézer ben Dodaváu, de Mareshá, Eliézer filho de Dodavá, de Maressa, profetizou contra o rei Josafá, dizendo: “Eis que Yahweh, o SENHOR, destruiu as tuas obras porque te aliaste a Acazias. E os navios se despedaçaram, naufragaram a caminho de Társis, e aquele tratado comercial jamais pode ser concluído.

2 Crônicas 21

A morte de Josafá e a impiedade de Jeorão

[1] Repousou Josafá com seus antepassados e foi sepultado junto aos reis na Cidade de Davi; e Jeorão, seu filho, foi proclamado rei em seu lugar.

[2] Os irmãos de Jeorão, filho de Josafá, foram: Azarias, Jeiel, Zacarias, Azarias, Micael e Sefatias. Todos eles foram filhos de Josafá, rei de Judá; isto é, de todo o Israel.

abazange bade babambelele ngomxhelo wabo kuThixo wooyise.

[34]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYoshafati, ukusukela ekuqalekeni kude kuye esiphelweni, nâzo encwadini yeembali zookumkani bakwaSirayeli, ngcombolo leyo ke ilandwa nguYehu unyana kaHanani.

[35]Kamva ke ukumkani wakwaJuda uYoshafati wakha unxibelelwano noAhaziya ukumkani wakwaSirayeli, umfo owayesaziwa ngenkohlakalo.

[36]Wavumelana naye ukuba bakhe igqiza leenqanawa zokurhweba, abathe bazakha e-Eziyon-gebhere.

[37]Ke uEliyezere unyana kaDodavu waseMaresha washumayela ngoYoshafati wathi: “Ngenxa yokuba unxibelelene noAhaziya, uNdikhoyo uza kuyitshabalalisa loo nto niyenzileyo.” Iinqanawa ezo ke zasuka zatshona, azabi nako ukulithatha elo phulo lorhwebo.

2 Yeziganeko 21

[1]Ke uYoshafati waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatywa phakathi kwabo kwisixeko sikaDavide. Esikhundleni sakhe kwangena uYehoram unyana wakhe.

UYehoram ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 8:17-24)

[2]Abantakwabo-Yehoram, oonyana bakaYoshafati, yayingooAzariya, uYehiyeli, uZakariya, uAzariyahu, iMikayeli,

[3] Seu pai deu-lhes muitos presentes de ouro, prata e objetos de valor, até cidades fortificadas em Judá; porém o reino concedeu a Jeorão, por ser o primogênito, seu filho mais velho.

[4] Assim, tendo Jeorão assumido o reino de seu pai e havendo-se armado e fortalecido, matou todos os seus irmãos à espada, como também alguns dos príncipes de Israel.

[5] Jeorão tinha trinta e dois anos quando deu início ao seu reinado, e governou oito anos em Jerusalém.

[6] Ele seguiu o caminho dos reis de Israel, como fazia a família de Acabe, porque que era casado com a filha de Acabe e fazia o que era mau diante de Yahweh, o SENHOR.

[7] Porém o SENHOR decidiu não destruir a dinastia de Davi, e isso por causa da Aliança que havia estabelecido com ele, e porque havia prometido manter uma chama acesa para sempre entre seus descendentes.

[8] Nos dias de Jeorão, os edomitas se revoltaram contra o domínio de Judá, e constituíram um rei para si.

[9] Pelo que Jeorão passou adiante com todos os seus chefes, e todos os carros, com ele; de noite, se levantou e feriu os edomitas que o cercavam e os capitães dos carros.

[10] Deste modo, se revoltou Edom com o objetivo de livrar-se do governo de Judá, até os nossos dias; ao mesmo tempo, se rebelou

noShefatiya. Bonke abo ke ngoonyana bakaYoshafati ukumkani wakwaSirayeli.

[3]Uyise wabanika intaphane yezipho: isiliva, igolide, nezinto ezixabisekileyo, kananjalo nezixeko ezinqatyisiweyo kwelakwaJuda. Kambe ke wona umbuso wawunika uYehoram, kuba kaloku wayengunyana wamazibulo.

[4]Akuba ezinzile embusweni kayise uYehoram wababulala bonke abantakwabo ndawonye namatshawe athile akwaSirayeli.

[5]Ukuqala kwakhe ukulawula uYehoram wayeneminyaka emashumi mathathu anambini, waza ke walawula eJerusalem iminyaka yasibhozo.

[6]Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wenza njengendlu ka-Ahabhi. Kaloku wayethathe intombi yakhe. Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo.

[7]Kambe ke, ngenxa yomnqophiso kaNdikhoyo nendlu kaDavide, uNdikhoyo akavumanga ukuyitshabalalisa indlu kaDavide. Kaloku wayemthembise ngelithi womnika isibane ngoonyana bakhe yonke imihla.

[8]Ke ngexesha likaYehoram iEdom yamvukela uJuda, yazimisela owayo ukumkani.

[9]Ngoko ke uYehoram waya khona namaphakathi akhe, nazo zonke iinqwelo zakhe. Ke amaEdom amrhawula kunye nezo njengele zeenqwelo, kambe ke yena wavuka ngobusuku waphuncuka.

[10]Unanamhlanje ke iEdom isavukelene noJuda. Kwangelo xesha neLibhena yenza

também Libna contra Jeorão, porquanto este abandonara Yahweh, o SENHOR Deus de seus pais.

uvukelo, kuba kaloku uYehoram wayemlahlile uNdikhoyo uThixo wooyise,

11 Ele chegou ao ponto de mandar construir altares idólatras nas colinas de Judá, conduzindo o povo de Jerusalém a prostituir-se e Judá a desviar-se do Caminho.

11kananjalo wakha iindawo eziphakamileyo zonqulo kwiinduli zakwaJuda, abantu baseJerusalem wabafaka kumkhwa wobuhenyu. Ewe, wamlahlekisa uJuda.

12 Então Jeorão recebeu uma carta do profeta Elias, nestes termos: “Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus de Davi, teu antepassado: ‘Assim diz o SENHOR, Deus de teu pai Davi: Porque não seguiste os caminhos de teu pai Josafá e os caminhos de Asa, rei de Judá;

12UYehoram wafumana ileta evela kumshumayeli uEliya isithi: “UNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide uthi: ‘Wena akuhambanga ngeendlela zikayihlo uYoshafati okanye uAsa ukumkani wakwaJuda,

13 mas preferiste o caminho dos reis de Israel e levaste Judá e os habitantes de Jerusalém a se prostituírem mediante a idolatria como procedeu a família de Acabe, e também mataste teus próprios irmãos, da família de teu pai, que eram muito mais honrados do que tu.

13koko usuke wahamba ngeendlela zookumkani bakwaSirayeli. UJuda nabantu baseJerusalem ubakhokelele kumkhwa wobuhenyu, njengoko yenzayo indlu ka-Ahabhi. Kananjalo ubabulele abantakwenu, usapho lwendlu kayihlo, amadoda ebengcono kunawe.

14 Portanto, Yahweh, o SENHOR, mandará uma terrível praga sobre o teu povo, teus filhos, tuas mulheres e todos os teus bens;

14Ngoku ke uNdikhoyo uza kubetha kubantu bakho, oonyana bakho, abafazi bakho, nayo yonke into eyeyakho; ewe, uya kutsho ngesithonga esinzima.

15 e terás uma grave enfermidade, isto é, um tumor no ventre, que irá crescer e piorar até que teus intestinos vazem do corpo’”.

15Wena kanye uza kuhliwa luzenge-zenge lwesifo sezibilini; ewe, eso sifo siya kuzikhupha izibilini zakho.’ ”

16 Então o SENHOR despertou a ira dos filisteus e dos árabes que habitam próximo aos etíopes contra Jeorão.

16Ke uNdikhoyo uYehoram wamxhokonxela amaFilistiya nama-Arabhu awayehlala ngakumaKushe.

17 Estes atacaram Judá e, saqueando-a, levaram todos os bens que se encontravam no palácio real, e também seus filhos e mulheres; de modo que nenhum filho restou, senão Acazias, o mais novo.

17Bamhlasela uJuda, batyhoboza, baza bazithatha zonke izinto ezixabisekileyo ezafumaneka ebhotwe, ndawonye nabafazi bakakumkani noonyana. Akusalanga

namnye unyana ngaphandle kwephelo lakhe uAhaziya.

[18] Depois de todos estes acontecimentos, o SENHOR o feriu nas suas entranhas com enfermidade incurável.

[18]Kamva ke uNdikhoyo wabetha uYehoram ngesifo sezibilini esinganyangekiyo.

[19] E, aumentando esta dia após dia, ao final de dois anos, saíram-lhe os intestinos devido a gravidade da doença, e Jeorão morreu em meio a terríveis dores e muita agonia. Seu povo não acendeu nenhuma fogueira em sua homenagem, como era tradição e haviam feito para os seus antepassados.

[19]Ethubeni, ekupheleni konyaka wesibini, izibilini zakhe zaphuma ngenxa yeso sifo, waza wafela entlungwini emangalisayo. Abantu bakhe ke abazange bamzilele ngomlilo njengoko babenzile kooyise.

[20] Jeorão era da idade de trinta e dois anos quando começou a reinar e reinou oito anos em Jerusalém. E partiu para sempre sem deixar de si qualquer lamentação ou saudade, e foi sepultado na Cidade de Davi, mas não nos túmulos dos reis.

[20]Ekungeneni kwakhe embusweni uYehoram wayeneminyaka emashumi mathathu anambini, waza ke walawula eJerusalem iminyaka esibhozo. Ekuswelekeni kwakhe akukho mntu waba buhlungu, waza ke wangcwatyelwa kwisixeko sikaDavide, kodwa ke kungekho kumangcwaba ookumkani.

2 Crônicas 22

Acazias reina e é morto por Jeú

[1] Então, os habitantes de Jerusalém proclamaram Acazias, filho mais novo de Jeorão, rei em seu lugar, uma vez que as tropas que tinham vindo com os árabes mataram todos os outros filhos dele. Assim, pois, começou a reinar Acazias, filho de Jeorão, rei de Judá.

[2] Ele tinha vinte e dois anos quando começou a governar, e reinou um ano em Jerusalém. Sua mãe se chamava Ataliáhu bat Omri, Atalia neta de Onri.

2 Yeziganeko 22

UAhaziya ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 8:25-29; 9:21-28)

[1]Abantu baseJerusalem bamisela uAhaziya unyana wamaphelo kaYehoram wangukumkani esikhundleni sakhe. Kaloku abahlaseli ababekunye nama-Arabhu bababulala bonke oonyana bakhe abadala. Ngoko ke waqalisa ukulawula uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani wakwaJuda.

[2]UAhaziya waqalisa ukulawula xa eneminyaka emashumi mabini anambini, waza walawula eJerusalem unyaka wamnye. Unina yayinguAtaliya umzukulwana kaOmri.

[3] Acazias também andou nos caminhos da família de Acabe, porquanto sua mãe lhe dava conselhos insensatos.

[4] Ele praticou o que era mau segundo o padrão que agrada Yahweh, o SENHOR, do mesmo modo como agiu a família de Acabe; pois eram seus conselheiros depois da morte de seu pai, para sua desgraça.

[5] Seguindo esses palpites, ele partiu com Jorão, filho de Acabe, rei de Israel, com o objetivo de atacar Hazael, rei da Síria, junto a Ramote-Gileade; e os sírios feriram Jorão,

[6] o qual foi obrigado a retornar a Jezreel para tratar dos ferimentos sofridos em Ramá, quando lutava contra Hazael, rei da Síria. Mais tarde, Acazias, filho de Jeroão, rei de Judá, desceu para visitar Jorão, filho de Acabe, em Jezreel, que buscava recuperar-se dos males provocados pelas feridas de guerra.

[7] Foi pela vontade de Deus que Acazias, para sua desgraça, encontrou-se novamente com Jorão. Assim que chegou, Jorão e Acazias decidiram partir a fim de visitar Jeú, filho de Ninsi, a quem Yahweh havia ungido para exterminar a família de Acabe.

[8] Quando Jeú estava executando juízo sobre a família de Acabe, encontrou os líderes de Judá e os filhos dos parentes de Acazias, que o serviam, e os matou.

[9] Partiu então em busca de Acazias e seus soldados o capturaram em Samaria, onde estava escondido. Levado a Jeú, Acazias foi executado. Mas não lhe negaram sepultura, pois argumentaram: “Eis que este homem é

[3]Naye ke wahamba ekhondweni lendlu ka-Ahabhi, ekubeni wayekhuthazwa ngunina ekwenzeni ububi.

[4]Wênza okubi emehlweni kaNdikhoyo kwanjengendlu ka-Ahabhi. Kaloku akuba engasekho uyise kweza abendlu ka-Ahabhi baba ngabacebisi bakhe, nto leyo yaluphuthisayo ulawulo lwakhe.

[5]Walandela icebo labo, waya emfazweni noYoram unyana ka-Ahazi ukumkani wakwaSirayeli xa wayesilwa noHazayeli ukumkani wama-Aram kwiRamoti yaseGiliyadi. Ama-Aram amngxwelerha uYoram,

[6]waza ke yena waya eYizereli khon' ukuze achache kuloo manxeba wayewafumene eRamoti kwelo dabi noHazayeli ukumkani wakwa-Aram. Ke uAhaziya unyana kaYehoram ukumkani wakwaJuda wehla waya eYizereli esiya kubona uYoram unyana ka-Ahabhi njengoko wayenzakele.

[7]Ukuwa kuka-Ahaziya ekutyeleleni kwakhe uYoram kwaphuma kuThixo. Akufika uAhaziya wahamba noYoram baya kubonana noYehu unyana kaNimshi owayethanjiswe nguNdikhoyo ukuze atshabalalise indlu ka-Ahabhi.

[8]Xa uYehu wayewisa isigwebo kwindlu ka-Ahabhi, wafumana namatshawe akwaJuda nezizalwana zoonyana baka-Ahaziya ezazisonga uAhaziya, nazo ke wazibulala.

[9]Waza ke wamzingela uAhaziya owafunyanwa ngamahlakani akhe ezimele eSamariya. Bamzisa kuYehu, wabulawa. Bamngcwaba ke, kuba babesithi: “Kaloku yena ungunyana kaYoshafati, umfo

neto de Josafá, que buscou Yahweh, o SENHOR, de todo o coração!” Assim, na família de Acazias não havia mais ninguém que pudesse ser proclamado rei.

Atalia manda matar a família real, mas Joás escapa

[10] Quando Atalia, mãe de Acazias, foi informada que seu filho estava morto, mandou exterminar toda a família real de Judá.

[11] Entretanto, Iehoshaveat, Jeosabeate ou Jeoseba, filha do rei Jeorão, tomou um dos filhos do rei Acazias que iam ser assassinados, e o refugiou num quarto, junto com sua ama. Assim Jeoseba, filha do rei Jeorão, esposa do sacerdote Joiada e irmã de Acazias, protegeu Joás de Atalia, de forma que ela não conseguiu matá-lo.

[12] Assim, Joás passou seis anos escondido com elas na Casa de Deus, enquanto Atalia governava a nação.

2 Crônicas 23

Joiada, o sacerdote, unge a Joás como rei de Judá

[1] No sétimo ano, Joiada decidiu tomar uma atitude. Mandou convocar os comandantes militares de centenas: Azarias, filho de Jeroão, Ismael, filho de Joanã, Azarias, filho de Obede, Maaseias, filho de Adaías, e Elisafate, filho de Zicri.

[2] Estes percorreram Judá, reuniram os levitas de todas as cidades de Jerusalém e os chefes de famílias de Israel, e vieram para Jerusalém.

owayemfuna ngomxhelo wakhe wonke uNdikhoyo.” Ngoko ke endlwini ka-Ahaziya akusalanga mntu unako ukubuphatha ubukumkani.

UAtaliya noYowashe

(2 Kum 11:1-20)

[10]UAtaliya unina ka-Ahaziya, akubona ukuba unyana wakhe ufile, wasuka wayitshabalalisa yonke indlu yekomkhulu lakwaJuda.

[11]Ke yena uYoshebha, intombi kakumkani uYehoram, wesuka weba uYowashe unyana ka-Ahaziya, wemka naye apho phakathi kweenkosana ezaziza kubulawa, wamfihla neneni yakhe kwigumbi lokulala. Kaloku uYoshebha intombi kakumkani uYehoram owayengumfazi wombingeleli uJoyada wayengudade boAhaziya; yiyo ke loo nto wasuka wamfihla umntwana lowo ukuze angabulawa nguAtaliya.

[12]Wahlala ezinyelisiwe ke endlwini kaThixo iminyaka yamithandathu, xesha elo kwakusalawula uAtaliya apho kwaJuda.

2 Yeziganeko 23

[1]Ke kaloku ngonyaka wesixhenxe uJoyada wabona ukuba lifikile ixesha. Wenza umnqophiso neengqwayi-ngqwayi zamaqela alikhulu: uAzariya unyana kaYehoram, uIshamayeli unyana kaYohanan, uAzariya unyana kaObhedi, uMaseya unyana ka-Adaya, noElishafati unyana kaZikri.

[2]Balityhutyha elakwaJuda, baqokelela abaLevi neentloko zazo zonke izindlu zamaSirayeli kuzo zonke iidolophu. Bakufika ke eJerusalem

[3] Toda aquela comunidade fez aliança com o rei na Casa de Deus. E Joiada então lhes declarou: "Eis que o filho do rei governará como nos prometeu Yahweh, o SENHOR, a respeito dos descendentes de Davi.

[4] Portanto, assim fareis: um terço de vós, isto é, dos sacerdotes e dos levitas que entram em serviço no Shabbãth, sábado, protegerão as entradas;

[5] outro terço guardará o palácio real, e outro terço vigiará a porta do Fundamento. Todo o povo ficará nos pátios do templo do Eterno, a Casa do SENHOR.

[6] Ninguém deverá entrar no templo de Yahweh, senão os sacerdotes e os levitas que ministram; estes terão acesso, porquanto são santos, foram consagrados para esse serviço; mas todo o povo deverá proceder conforme as ordens do SENHOR.

[7] Os levitas deverão formar um cinturão protetor ao redor do rei, todos de prontidão, com suas armas em punho. Acompanhai o rei a toda parte, quando entrar e quando sair. Matai sumariamente qualquer pessoa que adentrar o templo.

[8] Assim, os levitas e todo o povo de Judá obedeceram as ordens e fizeram tudo quanto o sacerdote Joiada havia orientado. Cada um pegou os seus homens, tanto os que haviam de entrar em serviço no Shabbãth, sábado, como os que deveriam sair, pois o sacerdote Joiada não dispensou os homens de seus turnos.

[9] Em seguida, o sacerdote entregou aos chefes de centenas as lanças, os escudos

[3]Ionke elo bandla lenza umnqophiso nokumkani endlwini kaThixo. Wathi kubo uJoyada: "Unyana kakumkani uza kulawula ngokomlomo kaNdikhoyo mayela nesizukulwana sikaDavide.

[4]Ngoko yenzani le nto: isinye esithathwini sababingeleli nabaLevi abaza kuba semsebenzini ngoMhla woPhumlo masilinde iminyango;

[5]esinye isinye esithathwini apha kuni masibe sebhotwe; size ke esinye sibe seSangweni lesiSeko; aze ke onke amanye amadoda abe sezinkundleni zendlu kaNdikhoyo.

[6]Makungabikho mntu ungenayo endlwini kaNdikhoyo ngaphandle kwababingeleli nabaLevi abasebenzayo. Bona bangangena, kuba bahlambulukile, kambe ke bonke abanye mabalinde ngokwezinto abamiselwe zona nguNdikhoyo.

[7]AbaLevi bona mabaphahle ukumkani, indoda nganye iphethe isixhobo sayo ngesandla. Nabani na ongenayo endlwini kaThixo makabulawe. Hlalani nikufuphi nokumkani naphi na apho aya khona."

[8]AbaLevi ke ndawonye nawo onke amadoda akwaJuda benza njengoko babeyalelwe ngumbingeleli uJoyada. Ngamnye kubo wemka neqela lakhe, abo babesebenza ngoMhla woPhumlo nabo babephumile emsebenzini – kaloku umbingeleli uJoyada zange akhulule nalinye iqela.

[9]Ke iingqwayi-ngqwayi zamaqela wazinika imikhonto namakhaka amakhulu

grandes e pequenos que pertenceram ao rei Davi e estavam no templo de Deus.

10 Dispôs todo o povo, tendo cada qual sua arma na mão, desde o ângulo sul ao ângulo norte do templo, rodeando o altar e o próprio templo para fazer a volta em torno do rei.

11 Então trouxeram o filho do rei e cingiram-no com o diadema, isto é, depositaram sobre sua cabeça a coroa real; entregaram-lhe uma cópia da Aliança e o proclamaram rei, ungindo-o e bradando: "Viva o rei!"

12 Quando Atalia ouviu o barulho do povo correndo em alvoroço, aclamando o rei, dirigiu-se imediatamente à Casa de Yahweh, onde se reunia o povo.

13 Assim que chegou, pode avistar o rei à entrada, em pé, junto à coluna. Os oficiais e os músicos, especialistas em solar as trombetas, estavam ao lado do rei, e todo o povo muito se alegrava ao som das trombetas; então, todos os músicos, com seus instrumentos musicais, dirigiam cânticos e hinos de adoração. Nesse momento, Atalia rasgou suas vestes e gritou: "Traição! Isto tudo é uma cilada!"

14 No mesmo instante, o sacerdote Joiada trouxe para fora os capitães do exército e ordenou-lhes: "Levai-a para fora deste recinto, fazendo-a passar pelo meio das filas de guardas, e quem a seguir seja morto à espada!" Pois o sacerdote havia avisado: "Não a mateis na Casa de Yahweh, o SENHOR!"

namancinci, lawo awayengawokumkani uDavide, egcinwe endlwini kaThixo.

10Onke amadoda wawamisa aphahla ukumkani exhobile, bemi ngaseqongeni lendlu kaThixo, ukusukela kwicala elingasezantsi ukuya kwelingasentla apho endlwini kaThixo.

11Ke uJoyada noonyana bakhe baphuma naye unyana kakumkani, baza bamthwesa isithsaba, bamnika umnqophiso obhaliweyo, bebhengeza ukuba ungukumkani. Bamthambisa, bakhwaza bathi: "Phil' ud' ukhokhobe, kumkani!"

12Akuva loo ntswahla yayisenziwa ngabantu bebaleka bevuyisana nokumkani, uAtaliya waya kubo endlwini kaNdikhoyo.

13Akukhangela wabona, tyhini, nanko ukumkani emi ngakwintsika yakhe esesangweni. Amaphakathi nabakhalisi-maxilongo babephahle ukumkani, baye bonke abemi belizwe benemihlali bekhalisa amaxilongo, nezinye iimvumi ezinezikhalisi zikhokela ngemibongo. Ke uAtaliya wasuka wazikrazula iingubo zakhe, wadanduluka wathi: "Uvukelo! Uvukelo!"

14Umbingeleli uJoyada wathuma iingqwayi-ngqwayi zamabutho ezo zazongamele amabutho omkhosi, wathi kuzo: "Mthatheni nimkhuphe phakathi kwamabutho; nabani na omlandelayo nimbulale ngekrele." Kaloku umbingeleli wayesithi: "Sanukumbulalela endlwini kaNdikhoyo."

[15] Então eles a prenderam e levaram até a entrada da porta dos Cavalos, que dá acesso ao palácio real, e ali a executaram sumariamente.

O pacto que Joiada fez

[16] Joiada estabeleceu uma aliança entre si mesmo, o povo e o rei, para serem eles o povo de Yahweh, o SENHOR.

[17] Então, todo o povo partiu em direção à casa de Baal e a derrubaram; despedaçaram os seus altares, as suas imagens e executaram Matã, sacerdote de Baal, diante de seus próprios ídolos e altares.

[18] Entregou Joiada a superintendência do templo de Yahweh nas mãos dos sacerdotes levitas, a quem o próprio rei Davi havia designado tarefas e serviços no templo, para apresentarem os holocaustos ao SENHOR, de acordo com o que está escrito na Torá, a Lei de Moisés, com júbilo, hinos e cânticos espirituais, segundo as instruções do rei Davi.

[19] Também mandou colocar sentinelas nas portas do templo de Yahweh para que não entrasse ninguém que de alguma forma estivesse impuro.

[20] Levou consigo os líderes dos batalhões de centenas, os nobres e ilustres, os governantes do povo e toda a população e, juntos, acompanharam em alegre procissão o caminhar do rei, desde a Casa de Yahweh até o palácio real, passando pela porta superior, e instalaram o rei em seu trono;

[21] e todo o povo bradava de euforia. Mais tarde a cidade se acalmou, logo que circulou a noticia da morte de Atalia ao fio da espada.

[15]Ngoko ke bambamba xa efika kwiSango lamaHashe eyadini yakomkhulu, bambulalela apho.

[16]Ke uJoyada wenza umnqophiso wokuba yena nabantu kunye nokumkani baya kuba ngabantu bakaNdikhoyo.

[17]Bonke ke abantu baya endlwini yokunqula uBhali, bafika bayidiliza. Bawantlekeza amaqonga ndawonye nemifanekiso, baza bambulala umbingeleli kaBhali uMatan apho phambi kwamaqonga.

[18]UJoyada wamisela ababingeleli ukuze bavelele indlu kaNdikhoyo, abo ke ngabo yayingabaLevi ababemiselwe ukusebenza endlwini kaThixo nguDavide, ukuze banikele amadini kaNdikhoyo atshiswayo njengoko kubhaliwe encwadini kaMosis. Loo nto babeyenza ngemivuyo bememelela ngokomlomo kaDavide.

[19]Wamisela nabagcini-masango emasangweni endlu kaNdikhoyo, ukuze kungangeni namnye kubantu abangahlambulukanga.

[20]Waqokelela iingqwayi-ngqwayi zamabutho alikhulu, izikhulu nabalawuli babantu, nabo bonke abemi belizwe, wamthatha nokumkani endlwini kaThixo, baya kungena ngesango elingasentla apho ebhotwe, ukumkani bamhlalisa kwisihlalo sobukhosi,

[21]baza ke bonke abantu bavuya. Isixeko eso ke saba nokuzola, kuba uAtaliya ebulewe ngekrele.

2 Crônicas 24

Joás dá ordens para consertar o templo

[1] Joás tinha sete anos de idade quando começou a reinar, e governou quarenta anos em Jerusalém. Sua mãe se chamava Tsiviá, Zíbia, da cidade de Beer-Shéva, Berseba.

[2] Joás agiu e viveu de modo agradável ao SENHOR durante todos os dias do sacerdote Joiada.

[3] Joiada escolheu duas esposas para Joás, com as quais casou, conforme a tradição e teve filhos e filhas.

[4] Depois disso, Joás decidiu reformar a Casa de Yahweh, o SENHOR.

[5] Ele reuniu os sacerdotes e os levitas, e lhes ordenou: “Saí pelas cidades de Judá e recebei a prata, o dinheiro de imposto que o povo deve pagar para os consertos que são feitos todos os anos nas dependências do templo do vosso Deus. E fazei isto ligeiro!” Todavia, os levitas ficaram pensativos e não se apressaram em cumprir as ordens do rei.

[6] Então o rei chamou Joiada, o chefe, e lhe indagou: “Por que não obrigaste os levitas a trazerem de Judá e de Jerusalém o imposto ordenado por Moisés, servo de Yahweh, à comunidade de Israel, para Tenda da Arca da Aliança, a Casa da Presença de Deus e do Testemunho?

[7] De fato, Atalia, aquela mulher malvada e pagã e seus filhos haviam arruinado a Casa de Yahweh, chegando a utilizar todos os

2 Yeziganeko 24

UYowashe uhlaziya indlu kaThixo

(2 Kum 12:1-16)

[1]Ukungena kwakhe ebukhosini uYowashe wayeneminyaka esixhenxe, waza ke walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amane. Unina yayinguZibheya intombi yaseBheshebha.

[2]Ngalo lonke ixesha lombingeleli uJoyada uYowashe wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

[3]UJoyada wamfunela abafazi ababini, waza ke wanoonyana neentombi.

[4]Emva koko ke uYowashe wazimisela ukuyihlaziya indlu kaNdikhoyo.

[5]Wabiza ababingeleli nabaLevi, wathi kubo: “Ngenani kwiidolophu zakwaJuda, niqokelele imali engumrhumo wonyaka kuwo onke amaSirayeli, ukuze kulungiswe indlu yoThixo wenu. Loo nto ke yenzeni ngoku.” Kodwa ke abaLevi abayenzanga kwangoko loo nto.

[6]Ngoko ke ukumkani wabiza umbingeleli omkhulu uJoyada, wathi kuye: “Ngani ukuba ungatsho abaLevi bezise imali engumrhumo owamiswa nguMosis isicaka sikaNdikhoyo waza wabethelelwa libandla likaSirayeli – mrhumo lowo abaLevi bebefanele ukuwuqokelela kumaJuda naseJerusalem – ingumrhumo wentente engqinela ubukho bukaNdikhoyo.”

[7]Ke amahlakani alaa mfazi ukhohlakeleyo uAtaliya aqhekeza indlu kaThixo, aza athatha izitya ezingcwele zendlu

objetos sagrados do templo do SENHOR em seus próprios cultos e rituais aos baalins.

[8] Assim, por ordem do rei, construíram uma espécie de arca e a colocaram do lado de fora, à entrada da Casa de Yahweh, o SENHOR.

[9] Fez-se a seguir uma convocação geral em Judá e em Jerusalém para que trouxessem ao SENHOR o imposto que Moisés, servo de Deus, havia instituído e exigido de todo Israel no deserto.

[10] Todos os líderes e todo o povo obedeceram com alegria as ordens do rei e trouxeram as suas contribuições, colocando-as na caixa até que a mesma ficou lotada.

[11] Sempre que os levitas levavam a tal arca até os supervisores do rei e estes observavam que havia muito dinheiro, o secretário real e o oficial do sumo sacerdote tinham a responsabilidade de esvaziar a caixa e a reconduziam ao ponto de partida. Procedendo assim regularmente, todos os dias, ajuntaram grande soma de dinheiro.

[12] O rei e Joiada entregavam a prata acumulada aos encarregados da obra do templo do SENHOR e estes tinham o dever de pagar todos os salários dos pedreiros e carpinteiros que se dedicavam aos trabalhos de reforma da Casa de Yahweh, como também os obreiros que eram especialistas em trabalhar em ferro e bronze nas obras do templo do SENHOR.

[13] Os homens encarregados do trabalho eram leais e diligentes, o que garantiu o progresso da obra de reforma. Eles

kaNdikhoyo, azisebenzisa kunqulo lukaBhali.

[8]Ngomyalelo kakumkani kwenziwa ityesana, yaza yabekwa ngaphandle kwesango lendlu kaNdikhoyo.

[9]Wonke uJuda neJerusalem wakhutshelwa isaziso sokuba makezise kuNdikhoyo loo mrhumo wamiswa nguMosis isicaka sikaThixo, ewumisela uSirayeli entlango.

[10]Onke amaphakathi kwakunye nabantu bonke, bakuthakazelela ukuzisa loo mrhumo, baza ke bamana bewufaka apho kuloo tyesana yada yazala.

[11]Loo tyesana yayisithi yakuziswa ngabaLevi kumaphakathi kakumkani aze abone ukuba sekukho isixa semali, unobhala wasebhotwe negosa lombingeleli omkhulu babeyithatha bayikhuphe loo mali, baze bayiphindisele kwasendaweni yayo ityesana leyo. Le nto ke babeyenza njalo-njalo, baza ke ngaloo ndlela baqokelela imali eninzi.

[12]Ukumkani noJoyada bayinikezela kuloo madoda ayesenza umsebenzi wendlu kaNdikhoyo. Baqesha iingcibi nabachweli ukuze zihlaziye indlu kaNdikhoyo, kananjalo bafuna nabasebenzi bentsimbi nobhedu ukuze balungise indlu kaNdikhoyo.

[13]Loo madoda ayongamele umsebenzi lowo ayekhuthele, waza ke umsebenzi wokuhlaziya waqhubela phambili phantsi kwawo. Indlu kaThixo baphinda bayakha,

reconstruíram o templo de Deus de acordo com o modelo original e ainda o reforçaram.

14 Assim que concluíram, trouxeram o restante de toda a prata arrecadada e apresentaram diante do rei e de Joiada, e com ela foram feitos utensílios para a Casa de Yahweh, o SENHOR; objetos para o serviço religioso e para os holocaustos, além de tigelas e outros utensílios de ouro e de prata. Enquanto Joiada viveu, sacrifícios e holocaustos foram oferecidos continuamente na Casa de Yahweh, o SENHOR.

15 Mas, o tempo passou, e Joiada envelheceu e morreu em idade avançada. Ele tinha cento e trinta anos quando faleceu.

16 Sepultaram-no na Cidade de Davi com os grandes reis, porquanto havia realizado o bem para todo o povo de Israel, especialmente para com Deus e sua Casa.

A idolatria de Joás

17 Logo depois da morte de Joiada, os líderes de Judá se reuniram com o rei e em meio a lisonjas e reverências o rei aceitou suas sugestões.

18 Então abandonaram a Casa de Yahweh, o SENHOR Deus de seus antepassados, e voltaram a prestar culto e adoração aos totens pagãos e aos ídolos de todas as formas. Por esse motivo, a ira de Deus caiu sobre Judá e Jerusalém com severidade.

19 Embora o SENHOR tivesse enviado seus profetas ao povo com o objetivo de trazê-los de volta à sensatez e para ele, e os profetas tivessem, de fato, pregado a Palavra e protestado contra a má conduta do povo, eles não quiseram dar ouvidos à verdade.

bayibuyisela kwimo yayo yantlandlolo bayixhasa.

14Bakuyiphetha ke, imali eseleyo bayisa kukumkani noJoyada; kwaza ke ngayo kwenziwa izinto zokusetyenziswa endlwini kaNdikhoyo: izixhobo zokusebenza, ezamadini atshiswayo, imicephe, nezinye izinto zegolide nezesiliva. Ngethuba lobomi bukaJoyada amadini atshiswayo ayenikezelwa engaphezi endlwini kaNdikhoyo.

15Ke uJoyada wayeseleneminyaka, ekhulile emdala, enekhulu elinamashumi amathathu eminyaka ukufa kwakhe.

16Wangcwatywa phakathi kookumkani kwisixeko sikaDavide, kuba kaloku wayenze okulungileyo kuThixo nendlu yakhe kwaSirayeli.

Inkohlakalo kaYowashe

17Emva kokusweleka kukaJoyada amaphakathi akwaJuda eza kubusa kukumkani, waza ke wawaphulaphula.

18Bayilahla indlu kaNdikhoyo uThixo wooyise, banqula iintsika zika-Ashera nemifanekiso. Ngenxa yobutyala bawo ke ingqumbo kaThixo yaba phezu koJuda neJerusalem.

19UNdikhoyo wathumela abashumayeli apho ebantwini ukuze babashumayeze baguqukele kuye, kodwa abazange baguquke naxa bebakhalimela.

[20] Então o Espírito de Deus apoderou-se de Zehariá ben Iehoiadá, Zacarias filho de Joiada, o sacerdote, o conduziu à frente do povo e disse: "Assim diz Deus: 'Por que transgredis os mandamentos de Yahweh, o SENHOR, de tal maneira que vos é impossível prosperar? Portanto, já que abandonastes o Eterno, ele também vos fará experimentar o seu afastamento de vós!"1

[20]Ke uMoya kaThixo wamfikela uZakariya unyana wombingeleli uJoyada. Wema phambi kwabantu, wathi: "UThixo uthi: 'Kungani na ukuba ningayithobeli imiyalelo kaNdikhoyo? Soze nibe nto! Ngenxa yokuba nimlahlile uNdikhoyo, naye ke unilahlile.' "

[21] Mas eles não quiseram ouvir a verdade e conspiraram contra o profeta e o apedrejaram em pleno pátio da Casa de Yahweh, por ordem do próprio rei.

[21]Kambe ke basuka bamenzela iyelenqe, baza ngokomyalelo kakumkani bamgibisela ngamatye wafela enkundleni yendlu kaNdikhoyo.

[22] Assim o rei Joás não se lembrou com gratidão de toda a bondade que Joiada, pai de Zacarias, lhe havia dedicado, e mandou executar sumariamente seu filho, o qual exclamou pouco antes de morrer: "Que Yahweh contemple a tua injustiça e te retribua!'

[22]Ukumkani uYowashe wabulibala ubuntu awayebenzelwe nguyise kaZakariya, wasuka wambulala unyana wakhe. Ke xa afayo uZakariya wathi: "Ngamana uNdikhoyo wakugqala ngesi senzo, akubuyekeze."

O juízo de Deus sobre Joás

[23] Por volta da primavera, na virada do ano, o exército da Síria decidiu atacar Joás. Invadiram Judá e Jerusalém e exterminaram todos os chefes e líderes do povo, e encaminharam todo o seu despojo de guerra ao rei de Damasco.

[23]Ngentlakohlaza yaloo nyaka umkhosi wama-Aram wahlasela uYowashe, wamngenela uJuda neJerusalem, wazibulala zonke iinkokheli zabantu. Amaxhoba onke bawathumela kukumkani wabo eDamasko.

[24] O exército dos arameus tinha vindo com menos soldados do que o exército dos judeus, mas Yahweh, o SENHOR, o fez parecer um exército muito grande, poderoso e destemido, porquanto Judá havia sido desleal e abandonado o Eterno, o Deus dos seus antepassados. E assim o juízo foi plenamente executado sobre o rei Joás.

[24]Nangona loo mkhosi wama-Aram wawungemkhulu ngamanani kodwa uNdikhoyo wanikezela esandleni sawo umkhosi omkhulu kunawo. UJuda wamlahla uNdikhoyo uThixo wooyise, yaza ke ingqumbo yawa phezu koYowashe.

[25] Quando os sírios partiram de volta para suas terras, largaram Joás gravemente

[25]Ukurhoxa kwawo ama-Aram lawo amshiya emngxwelerhile uYowashe.

ferido; então seus servos conspiraram contra ele por causa do sangue do filho do sacerdote Joiada, e o assassinaram em seu próprio leito. Assim morreu o rei Joás e foi sepultado na Cidade de Davi, todavia, não nos túmulos dos grandes reis da nação.

Amaphakathi akhe amenzela iyelenqe, aza ambulala ngenxa yokuba wabulala unyana wombingeleli uJoyada; ewe, bambulalela emandlalweni wakhe. Wafa ke, waza wangcwatyelwa kwisixeko sikaDavide, phofu akafihlwa phakathi kookumkani.

[26] Os que conspiraram contra ele foram Zabade, filho de Simeate, a amonita, e Jeozabade, filho de Sinrite, a moabita.

[26]Abamenzela iyelenqe nguZabhadi ozalwa nguShimeyati umAmonikazi, noYozabhadi ozalwa nguShimriti umMowabhikazi.

[27] Quanto a seus filhos e ao grande número de oráculos, profecias a seu respeito, bem como as declarações sobre a restauração da Casa de Deus, tudo está escrito no Midraxe do Livro da História dos Reis. Então, seu filho Amatsiáhu, Amazias, assumiu o trono e passou a reinar em seu lugar.

[27]Ke ingcombolo yoonyana bakhe kwaneentshumayelo ezingaye, nenkcazo mayela nokuhlaziywa kwendlu kaThixo, nâzo encwadini yamanqaku eembali zookumkani. Esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uAmaziya.

2 Crônicas 25

Amazias vence os edomitas

[1] Amazias tinha vinte e cinco anos de idade quando começou a reinar, e governou durante vinte e nove anos em Jerusalém. Sua mãe se chamava Iehoadan, Jeoadã, e era cidadã de Jerusalém.

[2] Praticou Amazias o que é correto e agradável diante dos olhos de Yahweh, o SENHOR, entretanto não agiu com total sinceridade de coração.

[3] Assim que notou que tinha o reino sob seu pleno controle, mandou matar todos os oficiais que haviam participado do assassinato do rei, seu pai.

[4] Contudo, não executou os filhos dos assassinos, mas agiu de acordo com o que está escrito na Torá, o Livro da Lei de Moisés, exatamente como Yahweh, o SENHOR, ordenou: “Os pais não morrerão

2 Yeziganeko 25

UAmaziya ukumkani kaJuda

(2 Kum 14:2-6)

[1]UAmaziya waba ngukumkani eneminyaka emashumi mabini anantlanu, waza ke walawula eJerusalem iminyaka emashumi mabini anethoba. Unina yayinguYowadan intombi yaseJerusalem.

[2]Yena wenza okulungileyo emehlweni kaNdikhoyo, noxa wayengaphelelisanga.

[3]Akuziqonda ukuba uzinzile embusweni wawabulala amaphakathi awayebulele uyise.

[4]Kambe ke zange ababulale oonyana bawo, koko wenza njengoko kubhaliweyo emthethweni kwincwadi kaMosis, apho uNdikhoyo ayalela ngokuthi: “Ooyise abayi kubulawa ngenxa yabantwana, kanti

em lugar dos filhos, nem os filhos em lugar; cada pessoa pagará com a vida por seu próprio erro e pecado.”

nabantwana abayi kubulawa ngenxa yooyise, koko ulowo nalowo uya kufela izono zakhe.”

Imfazwe namaEdom

(2 Kum 14:7)

5 Mais tarde Amazias convocou Judá e o dividiu, conforme as suas famílias, nomeou comandantes de mil e chefes de cem homens em toda a região de Judá e Benjamim. Então reuniu todos os homens com mais de vinte anos e constatou que podia contar com trezentos mil guerreiros prontos para o serviço militar, capazes de empunhar a lança e o escudo.

5UAmaziya wawaqokelela onke amaJuda, waza wawaba ngokwemizi, ewenza amabutho aliwaka nalikhulu – nditsho uJuda noBhenjamin. Wabagaya abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu, waza wazuza amakhulu amathathu amawaka amadoda asemgangathweni wokungenela umkhosi, lawo anako ukusebenzisa umkhonto nekhaka.

6 Também contratou em Israel cem mil homens experientes em combate pelo valor correspondente a três toneladas e meia de prata.

6Kananjalo waqesha amajoni akwaSirayeli alikhulu lamawaka, ngesiliva ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu anamakhulu amane.

7 No entanto, um homem de Deus foi até ele e lhe advertiu: “Ó rei, não deixes o exército de Israel caminhar contigo, porquanto Yahweh, o SENHOR, não está com Israel, isto é, com todos os de Efraim.

7Kodwa ke kwafika indoda yakwaThixo kuye, yathi: “Hayi, kumkani, la mabutho akwaSirayeli sukuwadibanisa namabutho akho, kuba kaloku uNdikhoyo umchasile uSirayeli naye nabani na ongowakwaEfrayim.

8 Contudo, se julgas que serás fortalecido para a guerra desse modo, Deus te fará cair diante do inimigo; pois Deus tem todo o poder para cooperar e também para fazer cair e derrotar!”

8Noba ungade ukhaliphe kangakanani na emfazweni, uThixo uya kukuyekela ngolo tshaba; kaloku uThixo nguye onegunya lokunceda nelokuyekela.”

9 Então Amazias questionou ao homem de Deus: “Mas, sendo assim, que se fará das três toneladas e meia de prata que paguei pelo serviço dessas tropas treinadas de Israel?” Ao que ele prontamente respondeu: “Eis que Yahweh, o SENHOR tem muito mais para lhe dar do que toda essa prata!”

9UAmaziya ke wathi kuloo mfo wakwaThixo: “Kothekani kodwa ngaloo mawaka amakhulu mathathu anamakhulu amane esiliva endiyihlawule ngaloo majoni akwaSirayeli?” Umfo wakwaThixo ke waphendula wathi: “UNdikhoyo unako ukukunika nangaphezulu.”

[10] Então Amazias separou as tropas que haviam sido recrutadas de Efraim, e ordenou que retornassem para sua terra. Entretanto, eles se sentiram ofendidos e partiram para sua terra furiosos contra Judá.

[11] Amazias, encorajado, conduziu seu povo e foi ao Vale do Sal, onde com seu exército matou dez mil dos filhos de Seir.

[12] Da mesma forma capturou outros dez mil, que conduziu para o alto de um penhasco e os atirou de lá, e todos eles morreram despedaçados.

[13] Entrementes, as tropas que Amazias havia mandado de volta, cancelando sua cooperação na batalha, atacaram cidades de Judá, desde Samaria até Bete-Horom. Mataram três mil pessoas, saquearam todas as propriedades e levaram grande quantidade de despojos.

Deus castiga Amazias por causa da idolatria

[14] Nesse ínterim Amazias retornou da chacina dos edomitas trazendo os deuses do povo de Seir entre os despojos de guerra, os quais estabeleceu como seus próprios deuses e protetores, reverenciou tais ídolos e queimou incenso diante deles em adoração.

[15] Então a ira de Yahweh, o SENHOR, acendeu-se grandemente contra Amazias, e Deus lhe enviou um de seus profetas, que o questionou: "Por qual razão buscaste os deuses deste povo, os quais não foram capazes de livrar o seu próprio povo da tua mão?"

[10]Ngoko ke uAmaziya wawarhoxisa loo mabutho wayewathathe kwaEfrayim, waza wawagodusa. Kambe ke agoduka evutha ngumsindo enganelisekanga seso senzo sikaJuda.

[11]Ke uAmaziya wabuya womelezeka wawukhokelela kwiNtili yeTyuwa umkhosi wakhe, apho ke wageqa amadoda aseSeyire alishumi lamawaka.

[12]Kananjalo umkhosi kaJuda wathimba amadoda alishumi lamawaka, wawathatha loo mabanjwa wawasa kwincopho yeliwa, waza wawajulela ezantsi antlekeka afa onke.

[13]Ke wona laa mabutho wawagodusayo uAmaziya, asuka ahamba enqoloba iidolophu zakwaJuda ukususela eSamariya kuye eBhete-horon. Abulala abantu abangamawaka amathathu, aza athimba intaphane yamaxhoba.

[14]UAmaziya ukubuya kwakhe evela kubulala amaEdom wabuya nazo izithixo zabantu abo baseSeyire. Wazimisela ezo zithixo zaba zezakhe, waqubuda kuzo, wazenzela namadini atshiswayo.

[15]Ke ingqumbo kaNdikhoyo yavutha ngakuAmaziya. Waza ke wamthumelela umshumayeli owathi kuye: "Ngani ukuba uthembele kwaba thixo bolu hlanga, bengabanga nako nje ukubahlangula abantu babo esandleni sakho?"

[16] E enquanto ele ainda falava com o rei, este lhe interrompeu e declarou: “Porventura fizemos-te conselheiro do rei? Cala-te! Ou preferes ser morto agora mesmo?” Então o profeta de Deus calou-se, não sem antes adverti-lo: “Sei que Deus decidiu destruir-te, primeiro porque fizeste tudo isto, e depois porquanto não deste ouvidos à advertência que te trago.”

[16]Esathetha njalo, ukumkani wathi kuye: “Umiswe ngubani ukuba ucebise ukumkani wena? Suk' apha, thula! Kungenjalo ke ndakukubulala!” Umshumayeli ke wayekelela, kodwa waleka ngelithi: “Kambe ke ndiyazi ukuba uNdikhoyo uzimisele ukukutshabalalisa ngenxa yokuba uyenzile le nto, akwaliphulaphula necebiso lam.”

Imfazwe namaSirayeli
(2 Kum 14:8-20)

[17] Depois de buscar conselhos e sugestões, Amazias, rei de Judá, mandou transmitir a Jeoás, filho de Jeoacaz, neto de Jeú, rei de Israel, o seguinte desafio: “Vem, vamos medir forças!”

[17]Ke uAmaziya ukumkani wakwaJuda uthe akuba ethetha-thethene nabacebisi bakhe wasuka wathumela ecel' umngeni kuYehowashe unyana kaYowahazi, kaYehu ukumkani wakwaSirayeli, esithi: “Yiza sihlangane!”

[18] Mas Jeoás, rei de Israel, mandou responder a Amazias, rei de Judá: “O simples espinheiro do Líbano mandou dizer ao notável cedro do Líbano: ‘Dá tua filha em casamento a meu filho’ Mas um grande animal selvagem que estava no Líbano veio e pisoteou o espinheiro.

[18]Kambe ke uYehowashe ukumkani wakwaSirayeli waphendula uAmaziya ukumkani wakwaJuda wathi: “Umthana wameva waseLebhanon wathumela udaba kumsedare waseLebhanon usithi: ‘Yendisela intombi yakho kunyana wam!’ Kusenjalo kwavela irhamncwa apho eLebhanon, laza lawunyhasha ngeenyawo loo mthana wameva.

[19] Tu imaginas contigo mesmo: ‘Eu derrotei Edom!’ E assim teu coração se enche de arrogância, vaidade para te gloriares. Agora, pois, fica quieto em teu palácio! Ora, por que provocarias uma desgraça apenas para destruir a ti e a Judá?”

[19]Ngenxa yokuba usithi uwoyisile amaEdom, ngoku ukhukhumele unekratshi. Kambe ke mna ndithi: ‘Hlal' ekhaya! Ngani ukuba uziqhwayele inkathazo eya kukukhahlela phantsi wena ndawonye noJuda?’ ”

[20] Contudo, Amazias também não atendeu a essa advertência, porquanto tudo isso era propósito do próprio Deus, a fim de entregá-los nas mãos dos seus inimigos, porque buscaram adorar e servir as divindades de Edom.

[20]Kambe ke uAmaziya zange aphulaphule, kuba kaloku uThixo wayeselezimisele ukumnikezela kuYehowashe, kuba esuke wathembela kwizithixo zamaEdom.

[21] Então, Jeoás, rei de Israel, partiu para batalhar contra Amazias, rei de Judá, em Bete-Semes, no território de Judá.

[22] Judá foi completamente derrotado diante do exército de Israel, e cada soldado fugiu para sua casa.

[23] Jeoás, rei de Israel, prendeu Amazias, rei de Judá, filho de Joás, o filho de Jeoacaz, em Bete-Semes, e o conduziu até Jerusalém. Ele derrubou cento e oitenta metros do muro da cidade, desde a porta de Efraim até a porta da Esquina.

[24] Ele tomou posse de todo o ouro, de toda a prata e de todos os objetos sagrados encontrados na Casa de Deus, que haviam estado sob a guarda de Obede-Edom, e ainda dos tesouros do palácio real. Também fez reféns e, então, retornou para Samaria.

[25] Amazias, filho de Joás, rei de Judá viveu ainda mais quinze anos depois da morte de Jeoás, filho de Jeoacaz, rei de Israel.

[26] Os demais fatos históricos passados durante o reinado de Amazias, do início ao fim, estão todos relatados nos escritos dos reis de Judá e de Israel conforme a tradição.

[27] A partir do momento em que Amazias decidiu não obedecer a Palavra do SENHOR, muitos de seus colaboradores conspiraram contra ele em Jerusalém, e ele se viu obrigado a fugir para Láquis, porém, mesmo

[21]Ngoko ke uYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wamhlasela. Yena noAmaziya ukumkani wakwaJuda baqubisana eBhete-shemeshe kwelakwaJuda.

[22]UJuda ke wavuthululwa nguSirayeli, yaza ke yayileyo indoda yabalekela kowayo.

[23]UYehowashe ukumkani wakwaSirayeli wambamba uAmaziya ukumkani wakwaJuda unyana kaYowashe, ka-Ahaziya, eBhete-shemeshe. Ke uYehowashe wamsa eJerusalem, wafika waludiliza udonga lweJerusalem, ukusukela kwiSango lakwaEfrayim ukuya kwiSango leKona, umgama okwisithuba seemitha ezimakhulu mabini.

[24]Wayithimba yonke igolide nesiliva, nayo yonke impahla awayifumana endlwini kaThixo, zinto ezo zazigcinwe nguObhedi-edom, ndawonye nobutyebi basebhotwe namabanjwa lawo, waza ke wabuyela eSamariya.

[25]Ke uAmaziya unyana kaYowashe ukumkani wakwaJuda wahlala iminyaka elishumi elinesihlanu emva kokufa kukaYehowashe unyana kaYowahazi ukumkani wakwaSirayeli.

[26]Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Amaziya, ukusukela ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo encwadini yookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

[27]UAmaziya ke wathi akugwilika ekulandeleni uNdikhoyo asuka amenzela iyelenqe amawabo eJerusalem, waza ke wabalekela eLakishe. Phofu ke nalapho

assim, o perseguiram até lá e finalmente o assassinaram.

[28] Seu corpo foi transportado de volta a cavalo, e sepultado junto aos seus antepassados na Cidade de Judá.

2 Crônicas 26

Uzias reina e prospera

[1] Todo os cidadãos de Judá escolheram Uzias, que na época tinha dezesseis anos de idade, e o constituiu rei em lugar de seu pai Amazias.

[2] Ele reconquistou e reconstruiu a cidade de Elate para Judá, depois que Amazias repousou com seus antepassados.

[3] Uziáhu, Uzias tinha dezesseis anos quando começou a reinar, e governou cinquenta e dois anos em Jerusalém. Sua mãe era cidadã de Jerusalém e chamava-se Ieholiá, Jecolias.

[4] Ele praticou tudo quanto é correto e agradável a Yahweh, o SENHOR, do mesmo modo que seu pai Amazias fizera.

[5] Uzias buscou a Deus durante toda a vida de seu mestre Zacarias, que o instruiu no temor de Deus, e enquanto procurou agradar a Yahweh, Deus o fez prosperar.

[6] Ele decidiu atacar e guerrear contra os filisteus, e conseguiu derrubar o muro de Gate, o muro de Jabné e também o muro de Asbode; além disso edificou cidades na região de Asdode e em várias outras partes do território dos filisteus,

[7] tudo isso porquanto Deus esteve ao seu lado contra os filisteus, contra os árabes que viviam em Gur-Baal e contra os meunitas.

amthumelela amadoda, aza ambulalela khona.

[28]Ke kaloku wathwalwa ngamahashe wabuyiswa, waza wangcwatywa phakathi kooyise kwisixeko sikaJuda.

2 Yeziganeko 26

U-Uziya ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 14:21-22; 15:1-7)

[1]Ke onke amaJuda athatha u-Uziya ambeka wangukumkani esikhundleni sikayise uAmaziya. U-Uziya lo ke wayeneminyaka elishumi elinesithandathu ezelwe.

[2]Nguye owayakhayo ngokutsha iElati, waza wayibuyisela kuJuda emva kokusweleka kuka-Amaziya.

[3]U-Uziya wangena ebukhosini eneshumi elinesithandathu leminyaka, waza ke walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amahlanu anambini. Unina yayinguYekoliya intombi yaseJerusalem.

[4]U-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, njengoko wenzayo noyise uAmaziya.

[5]Wayemfuna ngenzondelelo uThixo ngemihla kaZakariya owayemluleka ngokuhlonela uThixo. Ngalo lonke ithuba emlandela uNdikhoyo, uThixo wamthi jize ngempumelelo.

[6]U-Uziya walwa namaFilistiya, waza wazidiliza iindonga zaseGati nezaseYabhene nezaseAshdode. Kamva ke wakha iidolophu ngaseAshdode nakwezinye iindawo apho kwelamaFilistiya.

[7]UThixo wamnceda ngakumaFilistiya nama-Arabhu awayehlala eGur-bhali, ndawonye namaMewun.

[8] Os amonitas pagaram impostos a Uzias, e a sua fama se espalhou até a fronteira do Egito, pois ele e seu reino se tornaram muito poderosos e respeitados.

[9] Uzias também construiu torres em Jerusalém, na porta da Esquina, na porta do Vale e junto ao Ângulo, o canto onde a muralha faz esquina.

[10] Também construiu torres no deserto e perfurou muitas cisternas, porquanto também era proprietário de muitos rebanhos tanto nas planícies como na Sefelá, os planaltos de Judá. Ele mantinha trabalhadores em seus campos e em suas vinhas, nas colinas e nas terras férteis, pois tinha grande apreciação pela agricultura.

[11] Uzias possuía um exército bem treinado, organizado em grupos de acordo com o número de soldados convocados pelo secretário Jeiel e pelo oficial Maaseias, sob o comando de Hananias, um dos oficiais da guarda pessoal do rei.

[12] O exército era comandado por dois mil e seiscentos chefes de famílias, todos eles guerreiros corajosos e decididos.

[13] Eles comandavam um exército poderoso de trezentos e sete mil e quinhentos soldados, que estava à disposição do rei nas suas batalhas contra os seus inimigos.

[14] Uzias equipou todo o exército com escudos, lanças, capacetes, couraças e arcos, e até com fundas, atiradeiras de pedras.

[15] Em Jerusalém, construiu máquinas, projetadas por especialistas, a fim de serem

[8]Ama-Amon ayekhuphela u-Uziya imirhumo; ewe, udumo lwakhe lwanabela nakwimida yeJiputa. Kaloku wayenamandla.

[9]U-Uziya wakha iinqaba eJerusalem kwiSango leKona, nakwiSango leNtili, nasedolweni lodonga, waza ke waziqinisa.

[10]Nasentlango wakha iinqaba, wemba namaqula amaninzi njengoko wayenemfuyo eninzi emazantsi eentaba nasemathafeni. Wayenabasebenzi bamasimi nabezidiliya ezintabeni nakwimihlaba echumayo – kaloku wayewuthanda umhlaba.

[11]U-Uziya wayenomkhosi oqeqeshiweyo, ohleli uchophele ukuphuma ngamabutho ngokwezigaba zawo. Wawusesandleni sikaYehiyeli unobhala kunye noMaseya igosa ababephantsi koHananiya elinye lamaphakathi asebhotwe.

[12]Inani leenkokheli zamabutho amiselwe ngokweziduko lalingamawaka amabini namakhulu amathandathu.

[13]Zaziphethe umkhosi omadoda angamakhulu amathathu anesixhenxe amawaka namakhulu amahlanu, izinto eziyiqeqeshelweyo imfazwe – mkhosi lowo owawungamandla okuxhasa ukumkani ezintshabeni zakhe.

[14]Lo mkhosi wonke ke wawuxhaswa ngu-Uziya ngamakhaka, imikhonto, iminqwazi, izikhuselo zentsimbi, izaphetha, neenkwitshi.

[15]EJerusalem wenza oomatshini abaqingqwa ngamachule ukuze

posicionadas nas torres e nos cantos das muralhas, para atirarem simultaneamente grande quantidade de flechas, assim como arremessarem grandes pedras contra forças inimigas na defesa das esquinas. A fama do rei Urias foi contada e divulgada até terras muito distantes, por quanto foi ajudado de forma extraordinária, até que se tornou bastante conhecido e poderoso.

basetyenziswe ezinqabeni nakwizikhuselo ezisezikoneni zeendonga ukuze ke kudutyulwe ngeentolo, kugityiselwe ngamatye amakhulu. Udumo lwakhe lwanabela kulo lonke. Kaloku wancedwa waxhaswa kakhulu, wada ke wayingangamsha.

Uzias é atacado de lepra

16 Contudo, assim que começou a vangloriar-se de suas conquistas e do seu poder, seu coração se encheu de orgulho e soberba essa atitude o conduziu à queda e ao insucesso. Uzias pecou contra Yahweh, o SENHOR seu Deus, pois entrou na Casa de Yahweh para queimar incenso no altar dos perfumes sagrados.

16Kambe akuba ekhulile wanobungangamsha, u-Uziya wangenelwa likratshi elamrhuqela ekuweni. Wasuka akathembeka kuNdikhoyo uThixo wakhe, wada wangena endlwini kaNdikhoyo wenza isiqhumiso eqongeni leziqhumiso.

17 Mas o sacerdote Azarias entrou atrás dele, com oitenta sacerdotes do SENHOR, homens ilustres e corajosos,

17Ke umbingeleli uAzariya enamashumi asibhozo ababingeleli bakaNdikhoyo abangamatsha-ntliziyo bamlandela bangena naye.

18 se opuseram ao rei Uzias, advertindo-lhe: “Uzias, não é a ti que compete incensar Yahweh, mas sim aos sacerdotes descendentes de Arão, que foram consagrados para esse santo ofício. Sai, portanto, do santuário, pois foste infiel e pecaste terrivelmente, e já não tens direito à glória que vem de Yahweh, o SENHOR Deus.

18Bamxelelisa ukumkani u-Uziya bathi: “Asikokwakho, Uziya, ukuba wena wenzele uNdikhoyo isiqhumiso. Lowo ngumsebenzi wababingeleli, isizukulwana sika-Aron, abantu abakhutshelwa bucala ukuze batshise isiqhumiso. Ngoko ke phuma apha kwindawo engcwele, kuba le nto uyenzileyo kukunganyaniseki, yaye ke uNdikhoyo uThixo akasayi kukuxabisa.”

19 Então, Uzias se indignou; tinha o incensário na mão e estava pronto para oferecer a queima do incenso sagrado, quando se encolerizou contra os sacerdotes na Casa de Yahweh, junto ao altar dos santos perfumes.

19U-Uziya wayephethe umcephe ngesandla, selelungele ukwenza isiqhumiso. Ke kaloku wasuka wacaphuka. Uthe ke esavutha njalo umsindo kubo ababingeleli abo apho phambi kweqonga endlwini kaNdikhoyo, suka iqhenqa lee tyaba ebunzini lakhe.

[20] Então, o sumo sacerdote Azarias e todos os sacerdotes voltaram-se para ele, e eis que estava leproso na testa, e apressadamente o lançaram fora; até ele mesmo se deu pressa em sair, logo ao notar que o SENHOR o ferira.

[21] Sendo assim, Uzias sofreu dessa grave doença de pele até o dia da sua morte; e teve que viver, por ser considerado leproso, numa casa separada, porquanto fora excluído da Casa de Yahweh; e Jotão, seu filho, tinha a seu cargo a casa do rei, julgando o povo da terra.

[22] Todas as realizações do rei Uzias, desde o começo até o fim do seu reinado, foram escritas pelo profeta Isaías ben Amots, Isaías filho de Amoz.

[23] Adormeceu Uzias com seus antepassados e foi sepultado próximo deles, em um cemitério de propriedade dos reis em Jerusalém, mas não no tradicional túmulo dos grandes reis, por que diziam: “Ele é leproso!”. Então, seu filho Jotão foi proclamado rei em seu lugar.

2 Crônicas 27

Jotão reina bem e vence os amonitas

[1] Tinha Jotão a idade de vinte e cinco anos quando deu início ao seu reinado, e governou durante dezesseis anos em Jerusalém. Era o nome de sua mãe Ierushá bat Tsadoc, Jerusa filha de Zadoque.

[2] Praticou o que era justo e sensato diante dos olhos de Yahweh, o SENHOR, seguindo a mesma atitude que houve em Uzias, seu pai, mas ao contrário deste não adentrou ao

[20]Umbingeleli omkhulu uAzariya nabanye ababingeleli abo bathe bakumkhangela babona ukuba uneqhenqa ebunzi; ngoko ke bakhawuleza bamkhuphela ngaphandle. Ewe, naye ngokwakhe wayeselekungxamele ukuphuma, kuba kaloku uNdikhoyo wayemvelele ngesohlwayo.

[21]Ke kaloku ukumkani u-Uziya wathiwa nca lelo qhenqa, wada wasweleka. Wayehlala endlwini yakhe yedwa ngenxa yelo qhenqa, engenakungena nasendlwini kaNdikhoyo. Unyana wakhe uYotam waba libamba apho ebhotwe, yanguye obalawulayo abantu belizwe elo.

[22]Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaUziya, ukusukela ekuqaleni kude kuye esiphelweni, nâzo kwingcombolo yomshumayeli uIsaya unyana ka-Amozi.

[23]U-Uziya ke waya kuphumla kooyise, waza wangcwatyelwa kufuphi nabo kumhlaba wokungcwaba owawungowookumkani, kuba abantu besithi: “Kaloku ebeneqhenqa.” Unyana wakhe uYotam wangena esikhundleni sakhe.

2 Yeziganeko 27

UYotam ukumkani wakwaJuda

(2 Kum 15:32-38)

[1]UYotam waqala ukulawula eneminyaka engamashumi amabini anantlanu, waza ke wangukumkani eJerusalem iminyaka elishumi elinesithandathu. Unina yayinguJerusha intombi kaZadoki.

[2]Naye njengoyise u-Uziya wenza okuhle emehlweni kaNdikhoyo, kambe akaxelisanga uyise ngokungena endlwini

templo do Eterno. O povo, entretanto, prosseguiu em suas ações e obras do mal.

3 Ele edificou a porta Superior da Casa de Yahweh e providenciou amplos reparos na muralha, na colina de Ofel.

4 Também construiu várias cidades na região montanhosa de Judá e nos bosques, castelos-fortes e torres nas matas.

5 Jotão guerreou contra o rei dos filhos de Amom e prevaleceu sobre eles, de modo que os amonitas pagaram-lhe o imposto de três toneladas e meia de prata, cerca de dez mil barris de trigo e mais dez mil barris de cevada, durante três anos seguidos.

6 Assim, o rei Jotão foi se tornando mais poderoso e respeitado, porquanto dirigia os seus passos segundo o caminho e a vontade de Yahweh, o SENHOR, seu Deus.

7 Quanto aos mais atos de Jotão, todas as suas guerras e empreendimentos, eis que tudo está registrado no Livro da História dos Reis de Israel e de Judá.

8 Jotão tinha vinte e cinco anos de idade quando assumiu o trono e reinou dezesseis anos em Jerusalém.

9 Descansou o rei Jotão com seus antepassados, e o sepultaram na Cidade de Davi; e Acaz, seu filho, passou a reinar em seu lugar.

2 Crônicas 28

Acaz é ímpio, e os siros afligem-no

1 Acaz tinha vinte anos quando começou a reinar e governou dezesseis anos em

kaNdikhoyo. Kambe ke bona abantu abaziyekanga iindlela zabo zokonakala.

3 UYotam wabuya walakha iSango laseNtla lendlu kaNdikhoyo, kananjalo wenza umsebenzi omkhulu eludongeni kwinduli yeOfeli.

4 Wakha iidolophu kwiinduli zelakwaJuda, ngokunjalo neenqaba neembongiselo kwimimandla yamahlathi.

5 UYotam walwa nabo ookumkani bama-Amon waboyisa. Ngaloo nyaka ke ama-Amon arhuma kuye isiliva ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu namakhulu amane, newaka leetoni zengqolowa, kwakunye newaka leetoni zerhasi. Enjenjalo ukurhuma ke ama-Amon iminyaka yada yamithathu.

6 UYotam wakhula ngobungangamsha, kuba kaloku wayebambelele ngokupheleleyo kuNdikhoyo uThixo wakhe.

7 Ke ezinye zeziganeko zolawulo lukaYotam, kwakunye neemfazwe awazilwayo, nemisebenzi yakhe, nâzo encwadini yookumkani bakwaSirayeli nabakwaJuda.

8 Waqala ukulawula enamashumi amabini anantlanu, waza ke walawula ishumi elinesithandathu leminyaka.

9 UYotam ke waya kuphumla kooyise, waza ke wangcwatyelwa kwisixeko sikaDavide. Ke uAhazi unyana wakhe wangena esikhundleni sakhe.

2 Yeziganeko 28

UAhazi ukumkani wakwaJuda
(2 Kum 16:1-8,19-20)

1 UAhazi wayeneminyaka emashumi mabini ukungena kwakhe embusweni, waza ke

Jerusalém. Não fez o que é justo e agradável aos olhos de Yahweh, o SENHOR, como o havia feito o rei Davi, seu antepassado.

walawula iminyaka elishumi elinesithandathu eJerusalem. Yena akalithathanga ikhondo likayise-mkhulu uDavide; ewe, akazange enze okuhle emehlweni kaNdikhoyo uThixo wakhe.

2 Imitou a conduta dos reis de Israel e até mandou construir ídolos e imagens fundidas para os baalins.

2Wahamba ekhondweni lookumkani bakwaSirayeli, wada wenza imifanekiso eqingqiweyo, esenzela inkonzo kaBhali.

3 Também queimou perfumes sagrados no vale do filho de Hinon, e chegou a sacrificar seus próprios filhos no fogo, seguindo o costume e as abominações das nações pagãs que Yahweh havia expulsado da presença dos israelitas.

3Wayetshisa amadini kwintili kaBhen-hinom, wada wenza isikizi lokufaka unyana wakhe emlilweni, esenza idini ngaye, siko elo lalisenziwa ziintlanga awazigxothayo uNdikhoyo ekungeneni kwamaSirayeli.

4 Acaz sacrificava e queimava incenso nos altares, nas colinas, e também debaixo de toda grande árvore verdejante.

4Wayesenza amadini neziqhumiso ezindaweni zonke zonqulo ezindulini naphantsi kwemithi yonke efukufuku.

5 Por esse motivo, Yahweh, o SENHOR, seu Deus, entregou Acaz nas mãos do rei da Síria. Os arameus o derrotaram, fizeram muitos prisioneiros entre o seu povo e os levaram cativos para Damasco. Da mesma maneira Israel infligiu a Acaz grande derrota.

5Ngoko ke uNdikhoyo uThixo wakhe wamnikela kukumkani wama-Aram. Ama-Aram amoyisa, athimba abantu abaninzi, aya nabo eDamasko. Kananjalo wanikelwa nasesandleni sokumkani wakwaSirayeli owamshiya neengxwelerha ezininzi.

6 Em apenas um dia de batalha, Pêcah ben Remaliáhu, Peca filho de Remalias, matou cento e vinte mil guerreiros valorosos de Judá; pois Judá havia abandonado Yahweh, o SENHOR, Deus dos seus antepassados.

6Ngamini-nye uPeka unyana kaRemaliya wabulala ikhulu elinamashumi amabini lamawaka kumajoni akwaJuda; kaloku uJuda lo wayemlahlile uNdikhoyo uThixo wooyise.

7 E Zicri, soldado poderoso de Efraim, matou Maaseias, filho do rei, e Azricão, o mordomo do palácio, e Elcana, o segundo depois do rei.

7UZikri ijoni lomEfrayim labulala uMaseya unyana kakumkani, noAzerikam iphakathi eliphambili ebhotwe, noElikana isekela likakumkani.

8 Os filhos de Israel levaram presos de Judá, seu próprio povo irmão, duzentos mil pessoas, entre mulheres, meninos e

8AmaSirayeli emka namabanjwa angamawawo, amakhulu amabini amawaka, bengabafazi, amantombazana,

meninas; e saquearam deles grande despojo e levaram tudo para Samaria.

[9] Entretanto, vivia ali um profeta do SENHOR, chamado Odede; ele partiu e foi ao encontro do exército que voltava para Samaria e os advertiu: “Eis que, irando-se Yahweh, o SENHOR, Deus de vossos antepassados, contra Judá, os entregou nas vossas mãos, e vós os mataste com tamanho ódio e violência, que vossa maldade ficou evidente nos céus.

[10] Agora ainda quereis sujeitar o povo de Judá e de Jerusalém à condição de escravos e escravas! Ora, por ventura, não sois vós também culpados por erros e pecados diante de Yahweh, o SENHOR, vosso Deus?

[11] Sendo assim, atendei-me, pois, nesse momento, e fazei voltar os presos que tomastes cativos de vossos próprios irmãos, porquanto o fogo da ira do SENHOR já se acendeu e está sobre vós!”

[12] Então, se levantaram alguns homens dentre os chefes dos filhos de Efraim, a saber, Azarias, filho de Joanã, Berequias, filho de Mesilemote, Jeizquias, filho de Salum, e Amasa, filho de Hadlai, contra os que estavam retornando da guerra e lhes repreenderam, exclamando:

[13] “Não fareis entrar em nossas terras esses cativos, porque intentais acrescentar aos nossos erros e pecados ainda mais culpa diante de Yahweh, o SENHOR; a nossa culpa já é muito grande, e o brasume da ira de Yahweh já está sobre nossas cabeças!”

[14] Então, assim que ouviram estas palavras, os soldados armados abandonaram os

namakhwenkwe. Kanti ke bemka nento eninzi yamaxhoba, baya nayo eSamariya.

[9]Kodwa ke khona apho kwakukho umshumayeli kaNdikhoyo ogama linguOdede. Yena wabahlangabeza xa umkhosi ubuyela eSamariya. Wathi kubo: “Niyabona, uNdikhoyo uThixo wooyihlo umnikele esandleni senu uJuda ngenxa yengqumbo yakhe kuye. Kambe ke nina nibabulele ngengqumbo efikelele nasezulwini.

[10]Phezu koko ke ngoku, la madoda nabafazi bakwaJuda naseJerusalem nizimisele ukubenza amakhoboka. Ukanti nani ngokwenu ninobutyala phambi koNdikhoyo uThixo wenu.

[11]Ngoko ke ndiphulaphuleni! Amawenu la niwathimbileyo wagoduseni, kungenjalo ingqumbo kaNdikhoyo iphezu kwenu.”

[12]Ke kaloku ezinye zeenkokheli zakwaEfrayim uAzariya unyana kaYohanan, uBherakiya unyana kaMeshilemoti, uHezekiya unyana kaShalum, noAmasa unyana kaHadelayi, zathetha nabo babevela edabini,

[13]zathi: “Musani ukuza nabo apha abo bathinjwa, kuba siya kuba netyala phambi koNdikhoyo. Ngaba nifuna ukusongeza na isono netyala lethu? Kaloku ityala lethu selilikhulu kakade, nengqumbo kaNdikhoyo iphezu koSirayeli.”

[14]Ngoko ke amajoni lawo abakhulula abathinjwa abo, awancama namaxhoba

presos e o despojo diante dos príncipes e de toda a congregação.

[15] Em seguida, certos homens, designados nominalmente para este fim, puseram-se a reconfortar e encorajar os prisioneiros. Utilizando o próprio material que havia sido trazido com o despojo, vestiram todos os que estavam nus; deram-lhes roupa, calçado, alimento, bebida e abrigo. Depois conduziram-nos, colocando sobre animais de carga os fracos e feridos, até seus irmãos que estavam em Jericó, a cidade das palmeiras. Em seguida regressaram a Samaria.

Acaz busca o socorro dos reis da Assíria e não o acha

[16] Por esse tempo, Acaz mandou pedir aos reis da Assíria que o socorresse.

[17] Pois os edomitas atacaram Judá mais uma vez, a derrotaram e fizeram muitos cativos.

[18] Os filisteus haviam invadido as cidades de Shefelá, da planície, e do Neguebe, o Sul de Judá, e tinham tomado Bete-Semes, Aijalom, Gederote, Socó e seus povoados, Timna e suas aldeias, e Ginzo e seus arredores, estabelecendo-se ali.

[19] Isso tudo porque o SENHOR humilhou Judá por causa dos pecados do rei Acaz, porquanto este foi responsável por conduzir Judá a pecar de modo desenfreado, e por essa razão Yahweh o desprezou completamente.

[20] Então Tiglate-Pileser, rei da Assíria, veio e o causou a Acaz problemas ainda maiores em vez de servir de qualquer ajuda.

lawo apho phambi kwamaphakathi kunye nebandla liphela.

[15]Ke la madoda selekhankanyiwe awathatha amabanjwa lawo, aza emaxhobeni apho athatha iimpahla abanxiba abo babehamba ze. Bawanika iimphala zokunxiba, iimbadada, ukutya nento eselwayo, ngokunjalo namayeza okuthambisa. Abo babebuthathaka babakhwelisa koondlebende. Ewe, babathatha babagodusa babasa kumawabo eJeriko, isixeko samasundu, baza ke bona babuyela eSamariya.

[16]Ngelo thuba ke ukumkani uAhazi wathumela kookumkani baseAsiriya ecela uncedo.

[17]Kaloku namaEdom ayephindile amhlasela uJuda, aza emka nabathinjwa.

[18]Kanti ke namaFilistiya azihlasela iidolophu ezisemazantsi eentaba kumathafa elakwaJuda nakwelasentlango. Bayithimba iBhete-shemeshe, iAyalon, iGederoti, iSoko, iTimna, neGimzo, namaphandle aziphahlileyo.

[19]UNdikhoyo wamthobela eluthulini uJuda ngenxa yesimo sika-Ahazi ukumkani wakhe. Kaloku yena wakhuthaza inkohlakalo kwaJuda, akanyaniseka kuNdikhoyo.

[20]Ke kaloku ukumkani waseAsiriya uTigilati-pilezere weza kuye, kodwa ke endaweni yokumnceda wamzisela inkathazo.

[21] Porque Acaz lançou mão de alguns objetos valiosos dos despojos que estavam guardados na Casa de Yahweh, assim como tomou dos tesouros que estavam no palácio real e na casa dos príncipes e entregou tudo ao rei da Assíria; contudo, isso não o ajudou em nada.

[21]UAhazi ke wathatha ezinye kwizinto zendlu kaNdikhoyo, nasebhotwe, nakumatshawe, warhuma ngazo apho kukumkani waseAsiriya. Kambe ke naleyo zange imncede nto.

[22] Mesmo nesse tempo em que passou por várias provações, o rei Acaz não mudou de atitude, pelo contrário, tornou-se ainda mais infiel a Yahweh, o SENHOR.

[22]Ngelo thuba lakhe leenkathazo ke ukumkani uAhazi wathath' unyawo ukunganyaniseki oku kuNdikhoyo.

[23] Ele chegou a oferecer sacrifícios às divindades pagãs de Damasco que o haviam derrotado, pois imaginava: 'Já que os deuses da Síria os têm ajudado, oferecerei também eu sacrifícios a eles, certamente me socorrerão!" Todavia, eles foram precisamente a causa da sua queda fatal e da ruína de todo o Israel.

[23]Wenzela izithixo zaseDamasko amadini, sizwe eso ke sasimoyisile emfazweni. Kaloku wayesithi: "Njengoko izithixo zookumkani bakwa-Aram zibancedile nje, nam ke ndiza kuzenzela amadini ukuze zindincede." Kambe ke eso senzo sesona samkhahlela phantsi, kwaba seso nakuSirayeli jikelele.

[24] Então, ajuntou Acaz os utensílios da Casa de Yahweh, fê-los em pedaços e fechou as portas do templo do SENHOR; e ainda fez para si altares pagãos em todos os cantos de Jerusalém.

[24]UAhazi waziqokelela wazonakalisa izinto ezazisetyenziswa endlwini kaThixo. Wazivala iingcango zendlu kaNdikhoyo, waza wamisa amaqonga amadini kuzo zonke iikona zezitalato eJerusalem.

[25] Também, em cada cidade de Judá, mandou construir altares idólatras para queimar sacrifícios e perfumes a outros deuses, e assim provocou a ira de Yahweh, o SENHOR Deus de seus pais.

[25]Kuzo zonke iidolophu zelakwaJuda wakha iindawo eziphakamileyo zonqulo ukuze kwenzelwe izithixo amadini, nto leyo ke yawuxhokonxayo umsindo kaNdikhoyo uThixo wooyise.

[26] Os demais fatos e acontecimentos do reinado de Acaz e todos os seus atos, tanto os primeiros como os últimos, eis que estão todos escritos nos registros históricos dos reis de Judá e Israel.

[26]Ke ezinye zeziganeko zolawulo luka-Ahazi nazo zonke iindlela zakhe, ukusukela ekuqalekeni kuye esiphelweni, nâzo encwadini yookumkani bakwaJuda nabakwaSirayeli.

[27] Acaz repousou com seus antepassados e foi sepultado na cidade de Jerusalém, mas não no túmulo dos grandes reis de Israel.

[27]UAhazi ke waya kuphumla kooyise,waza wangcwatywa kwisixeko iJerusalem. Kambe ke yena akafihlwanga kumangcwaba

Seu filho Ezequias foi proclamado rei e passou a ocupar o seu lugar.

ookumkani bakwaSirayeli. Ke esikhundleni sakhe kwangena unyana wakhe uHezekiya.

2 Crônicas 29

Ezequias manda purificar o templo

[1] Ezequias tornou-se rei com vinte e cinco anos de idade e governou vinte e nove anos em Jerusalém; sua mãe chamava-se Aviá bat Zehariáhu, Abia filha de Zacarias.

[2] Ele viveu da maneira como Yahweh, o SENHOR, aprova, tal como procedera o rei Davi seu predecessor.

[3] No primeiro ano do seu reinado, no primeiro mês, Ezequias mandou abrir as portas da Casa de Yahweh, o SENHOR e as reformou.

[4] Trouxe os sacerdotes e os levitas, reunindo-os na praça oriental,

[5] e os exortou, dizendo: “Escutai-me, ó levitas! Santificai-vos nesse momento e consagrai o templo do SENHOR, Deus de vossos pais, e limpai toda a impureza do Santo Lugar.

[6] Porquanto nossos antepassados foram infiéis, e praticaram o que é mau diante de Yahweh, o SENHOR nosso Deus. Eles o desprezaram, desviando o rosto da habitação do Eterno, e deram-lhe as costas.

[7] Chegaram a fechar as portas do Pórtico, o Vestíbulo, e apagaram as lâmpadas. Não queimaram incenso sagrado nem apresentaram holocausto no santuário em devoção ao Deus de Israel.

[8] Por esta razão veio grande ira da parte de Yahweh sobre Judá e Jerusalém, e todo o povo foi transformado em motivo de horror,

2 Yeziganeko 29

UHezekiya uhlambulula indlu kaThixo

[1]UHezekiya wayeneminyaka emashumi mabini anantlanu ukungena kwakhe ebukhosini, waza walawula eJerusalem iminyaka engamashumi amabini anethoba. Unina yayinguAbhiya intombi kaZakariya.

[2]Njengoyise-mkhulu uDavide naye wênza okuhle emehlweni kaNdikhoyo.

[3]Ngenyanga yokuqala yonyaka wakhe wokuqala ekulawuleni, wayivula indlu kaNdikhoyo, wawahlaziya amasango ayo.

[4]Ababingeleli nabaLevi wabaqokelela kwinkundla esempuma, wathetha nabo,

[5]wathi: “BaLevi, ndiphulaphuleni; zihlambululeni, ze niyihlambulule nayo indlu kaNdikhoyo uThixo wooyihlo. Yisuseni yonke into enomlaza endaweni engcwele.

[6]Oobawo zange banyaniseke; benze okubi emehlweni kaNdikhoyo uThixo wethu, bakreqa kuye. Ewe, basuka bamfulathela uNdikhoyo ndawonye nendawo ahlala kuyo.

[7]Bazivala iingcango zevaranda, bazicima nezibane. Bayeka ukwenza iziqhumiso, kananjalo nokumenzela amadini atshiswayo uThixo kaSirayeli kwindawo engcwele.

[8]Ngoko ke ingqumbo kaNdikhoyo iphezu koJuda neJerusalem. Ezi ndawo wazitsho zayinto eyoyikekayo, inyumnyezi

desespero e zombaria, como vós o estais contemplando com os próprios olhos.

[9] Porque nossos pais caíram à espada, e por isso nossos filhos, filhas e mulheres estão presos, vivendo como escravos.

[10] Tenho, pois, agora, em meu coração, o firme desejo de estabelecer uma aliança com Yahweh, o SENHOR Deus de Israel, para que o fogo do seu juízo e de sua ira se afastem de sobre todos nós.

[11] Portanto, filhos meus, não sejais negligentes, pois Yahweh, o SENHOR, vos escolheu para o servirdes em sua presença, e para serdes seus ministros e exalarem santo perfume de seus incensários diante dele.

Os levitas purificam o templo

[12] Então os seguintes levitas puseram-se a trabalhar imediatamente: dentre os descendentes de Coate: Maate, filho de Amasai, e Joel, filho de Azarias; dos descendentes de Merari: Quis, filho de Abdi, e Azarias, filho de Jealelel; dos descendentes de Gérson: Joá, filho de Zima, e Éden, filho de Joá;

[13] dos descendentes de Elisafã: Sinri e Jeuel; dos descendentes de Asafe: Zacarias e Matanias;

[14] dos descendentes de Hemã: Jeuel e Simei; dos descendentes de Jedutum: Semaías e Uziel.

[15] Havendo, pois, reunido e consagrado os seus parentes, os levitas partiram para os trabalhos de purificação da Casa de Yahweh, de acordo com as ordens expressas do rei, em obediência à Palavra do SENHOR.

nesigculelo, nto leyo ke esizibonelayo ngawethu amehlo.

[9]Ngenxa yale nto ke oobawo babulawa ngekrele, bona oonyana neentombi nabafazi bethu basiwa ekuthinjweni.

[10]Ngoku ndizimisele ukwenza umnqophiso noNdikhoyo uThixo kaSirayeli, khon' ukuze ithothe ingqumbo yakhe ngakuthi.

[11]Bonyana, ngoku musani ukuba ngabangakhathaliyo; kaloku uNdikhoyo uninyulile ukuze nime phambi kwakhe, nimsebenzele, nimlungiselele, nenze iziqhumiso.”

[12]Aba baLevi ke bangena emsebenzini: kumaKohati: uMahati unyana ka-Amasayi, noYoweli unyana ka-Azariya; kumaMerari: uKishe unyana ka-Abhedi, noAzariya unyana kaJehaleli; kumaGershon: uJowa unyana kaZima, noEden unyana kaJowa;

[13]kwinzala kaElizafan: uShimri noJewuyeli; kwinzala ka-Asafu: uZakariya noMataniya;

[14]kwinzala kaHeman: uJewuyeli noShimeyi; kwinzala kaJedutun: uShemaya noUziyeli.

[15]Bakuba bewaqokelele amawabo bazihlambulula, baya kuhlambulula nendlu kaNdikhoyo ngokomyalelo kakumkani efezekisa ilizwi likaNdikhoyo.

[16] Os sacerdotes também entraram na parte inferior do templo do SENHOR para o purificarem, e levaram para o pátio da Casa de Yahweh toda a impureza que encontraram nas dependências do templo do SENHOR; e os levitas a pegaram e a levaram para depositar no vale de Cedrom.

[17] Começaram a consagração no primeiro dia do primeiro mês e no oitavo dia chegaram ao Pórtico de Yahweh. Durante mais de oito dias consagraram a Casa de Yahweh, o templo do SENHOR, propriamente dito, terminando tudo no décimo sexto dia.

[18] Em seguida, foram falar com o rei Ezequias e lhe prestaram o seguinte relatório: "Acabamos de purificar toda a Casa de Yahweh, o SENHOR, como também o altar do sacrifício com todos os seus utensílios e a mesa dos Pães da Proposição, os pães consagrados, com todos os seus utensílios.

[19] Da mesma forma, todos os objetos que o rei Acaz, durante o seu reinado lançou fora, na sua insensata transgressão, já preparamos e santificamos; e eis que estão diante do altar de Yahweh, o SENHOR.

Ezequias restabelece o culto de Deus

[20] Cedo, na manhã seguinte, o rei Ezequias convocou os líderes da cidade e, juntos, subiram à Casa de Yahweh, o SENHOR,

[21] levando com eles sete novilhos, sete carneiros, sete cordeiros e sete bodes como oferta pelo pecado de todos, em favor dos príncipes e da realeza, do santuário e de

[16]Ababingeleli bangena endaweni engcwele endlwini kaNdikhoyo bayihlambulula. Yonke into eyafumaneka inomlaza bayikhuphela enkundleni yendlu kaNdikhoyo. Zonke izinto ezinjalo zathathwa ngabaLevi, baya kuzigalela kwintili yeKedron.

[17]Le ntlambululo bayiqala ngomhla wokuqala kwinyanga yokuqala, kwaza ke kwathi kuba ngumhla wesibhozo wenyanga leyo babe sebefikelele kwivaranda kaNdikhoyo. Yaba zezinye iintsuku ezisibhozo behlambulula indlu kaNdikhoyo ngokwayo, baza ke bagqibezela ngomhla weshumi elinesithandathu kwakuloo nyanga yokuqala.

[18]Baza ke baya kukumkani uHezekiya, bathi: "Xa iyonke indlu kaNdikhoyo siyihlambulule: iqonga lamadini atshiswayo nazo zonke izinto ezisetyenziswa kulo, kunye netafile yesonka esisodwa nezinto zayo.

[19]Sizilungisile sazihlambulula zonke izinto ezakhutshwa ngukumkani uAhazi koko kunganyaniseki kwakhe ngethuba lakhe. Kungokunje nâzo phambi kweqonga likaNdikhoyo."

Ukusetyenziswa kwendlu kaThixo kuyabuyiselwa

[20]Kwakusasa ngemini elandelayo ukumkani uHezekiya wawaqokelela amagosa esixeko, waza waya nawo endlwini kaNdikhoyo.

[21]Beza neenkunzi zeenkomo ezisixhenxe, nesixhenxe seenkunzi zeegusha, namaxhwane eegusha asixhenxe angamaduna, kunye naweebhokhwe

Judá. O rei ordenou que os sacerdotes, descendentes de Arão, sacrificassem os animais no altar de Yahweh.

[22] Então os sacerdotes imolaram novilhos, pegaram o sangue e o aspergiram sobre o altar; também imolaram os carneiros e aspergiram o sangue sobre o altar; semelhantemente, imolaram os cordeiros e aspergiram o sangue sobre o altar.

[23] Depois mandaram trazer os bodes expiatórios destinados mais precisamente ao sacrifício pelo pecado, diante do rei e da assembleia, a fim de que lhes impusessem as mãos para a oferenda.

[24] E os sacerdotes os imolaram e do seu sangue derramado sobre o altar fizeram um sacrifício de arrependimento pelo pecado, a fim de completarem o rito de expiação por todo o Israel; com efeito, era por todo o Israel que o rei ordenara que se oferecessem os holocaustos e os sacrifícios pelos erros e pecados cometidos.

[25] Colocou a seguir os levitas na Casa de Yahweh com os címbalos, liras, harpas e cítaras, segundo as prescrições de Davi, de Gade, o vidente do rei, e do profeta Natã; porque esta ordem veio primeiro do SENHOR, por intermédio de seus profetas.

[26] Os levitas posicionaram-se em pé, com os instrumentos de Davi, e os sacerdotes com as trombetas.

ekwasixhenxe ekwangamaduna, zinto ezo benza ngazo idini lesono, besenzela umbuso wonke nendawo engcwele noJuda ngokwakhe. Ke ukumkani wayalela ababingeleli, inzala ka-Aron, ukuba ezo zinto bazenze idini eqongeni likaNdikhoyo.

[22]Ngoko ke bazixhela ezo nkunzi zeenkomo, baza ke ababingeleli balithatha igazi lazo, bafefa ngalo iqonga elo. Kananjalo ke bazixhela neenkunzi zeegusha, baza bafefa iqonga ngelo gazi lazo. Namaxhwane eegusha bawaxhela, ngegazi lawo bafefa kwaelo qonga.

[23]Iibhokhwe zedini lesono zona zasiwa kukumkani nebandla, baza ke babeka izandla zabo phezu kwazo.

[24]Ababingeleli ke bazixhela iibhokhwe ezo, igazi lazo balisa eqongeni laba lidini lesono lokungxengxezela uSirayeli ephela. Kaloku ukumkani wayenze umyalelo mayela nedini elitshiswayo kunye nelesono ngokunxulumene noSirayeli ephela.

[25]Ukumkani wamisa abaLevi endlwini kaNdikhoyo bephethe amacangci, iihapu, kunye nemirhubhe, ngalaa ndlela yayimiswe nguDavide, nemboni kakumkani uGadi, noNatan umshumayeli – ndlela leyo ke yayiyalelwe nguNdikhoyo ngabashumayeli bakhe.

[26]Bema ke abaLevi, bephethe ezo zikhalisi zikaDavide, ababingeleli bona bephethe amaxilongo.

[27] Ezequias mandou que se oferecesse o sacrifício sobre o altar; e, quando o ritual do sacrifício teve início, começou ao mesmo tempo o canto de Yahweh, o SENHOR, ao som das trombetas e dos instrumentos de Davi, rei de Israel.

[28] E assim, toda a comunidade prostrou-se em adoração, enquanto os músicos cantavam e os trombeteiros tocavam, até que terminou o holocausto.

[29] Logo depois de terminarem de fazer a oferta, o rei e todos os que estavam em sua companhia se prostraram e adoraram.

[30] O rei Ezequias e seus oficiais ordenaram aos levitas que louvassem a Yahweh, o SENHOR, com as palavras e os salmos de Davi e do vidente Asafe. Eles o louvaram com alegria, depois inclinaram suas frontes e o adoraram.

[31] Então o rei Ezequias tomou a palavra e exclamou: "Agora, pois, estais consagrados a Yahweh! Aproximai-vos, trazei ao templo do SENHOR os vossos sacrifícios e ofertas em ação de graças!" Assim, a comunidade levou sacrifícios e ofertas de gratidão, e alguns, voluntariamente, ofereceram também holocaustos.

[32] O número de vítimas, isto é, de sacrifícios oferecidos pela comunidade foi de setenta novilhos, cem carneiros e duzentos cordeiros, tudo isso em adoração e holocausto a Yahweh, o SENHOR.

[33] Também foram consagrados seiscentos bois e três mil ovelhas.

[27]UHezekiya ke wayalela ukuba kwenziwe idini elitshiswayo apho eqongeni. Lathi ke lakuqaliswa idini elo, yaqalisa nengoma kudunyiswa uNdikhoyo, ikhatshwa ngamaxilongo nezikhalisi zikaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

[28]Lonke ibandla lakhahlela linqula, zabe nazo iimvumi zisitsho, namaxilongo ngokunjalo. Zaqhuba njalo ke lada lafezeka elo dini litshiswayo.

[29]Lakugqitywa ke elo dini litshiswayo ukumkani naye wonke umntu owayelapho baguqa benqula.

[30]Ukumkani uHezekiya enamaphakathi bayalela abaLevi ukuba badumise uNdikhoyo ngamazwi kaDavide kunye nawemboni uAsafu. Ngoko ke batsho ngentswahla bedumisa ngovuyo olukhulu, baza ke bakhahlela benqula.

[31]Wathi ke ukumkani uHezekiya: "Ngoku ke nizinikezele kuNdikhoyo. Ngoko ke zisani amadini neminikelo yokubulela endlwini kaNdikhoyo." Ewe ke, ibandla lawazisa amadini kunye neminikelo yokubulela, baza ke bonke abaqhutywa ziintliziyo zabo benza amadini atshiswayo.

[32]Amadini awenziwa libandla elo yayingamashumi asixhenxe eenkunzi zeenkomo, ikhulu leenkunzi zeegusha, namakhulu amabini amaxhwane angamaduna; zizonke ezo zinto zenzelwa uNdikhoyo idini elitshiswayo.

[33]Imfuyo eyanikelwa ukwenza amadini yayisisithandathu samakhulu eenkunzi zeenkomo, namawaka amathathu eegusha neebhokhwe.

[34] Os sacerdotes, no entanto, eram em número reduzido e não conseguiam retirar a pele de todos os holocaustos; pelo que seus parentes, os levitas, os ajudaram, até findar-se a obra e até que os outros sacerdotes se santificaram; porque os levitas foram mais justos e sinceros de coração, para se santificarem, do que os sacerdotes.

[35] Houve também muitos sacrifícios, juntamente com a gordura das ofertas pacíficas, e com as ofertas de bebidas, as libações, para cada holocausto. E assim se restabeleceu o culto e o serviço religioso na Casa de Yahweh, o SENHOR.

[36] O rei Ezequias e todo o povo regozijavam-se com o que Deus havia feito por toda a nação, e tudo em tão pouco tempo.

2 Crônicas 30

Ezequias convida a todo o povo a vir a Jerusalém para celebrar a Páscoa

[1] Passados esses acontecimentos, Ezequias ordenou que mensageiros fossem por todo o Israel e Judá; escreveu também cartas a Efraim e a Manassés convocando-os a comparecer à Casa de Yahweh, em Jerusalém, para celebrarem juntos oPêssah, Páscoa, em honra de Yahweh, o SENHOR Deus de Israel.

[2] Porquanto o rei havia chegado a um consenso com os seus príncipes, oficiais e toda a comunidade em Jerusalém, a fim de realizarem o sacrifício da Páscoa no segundo mês.

[3] Esse retardamento na celebração em relação à data prescrita deveu-se a falta de sacerdotes santificados em número suficiente, bem como o próprio povo ainda

[34]Ababingeleli ke babembalwa ukuhlinza loo madini bebodwa, ngoko ke bancediswa zizizalwana zabo abaLevi, wada wafezeka umcimbi lowo, nangokongezeka kwababingeleli abahlanjululwayo. Kaloku abaLevi bona babekukhuthalele ukuzihlambulula kunababingeleli abo.

[35]Ayemaninzi amadini atshiswayo, ngokunjalo namanqatha edini lobudlelwana, nedini elithululwayo elalikhapha loo madini atshiswayo. Ngaloo ndlela ke kwabuyiselwa ukusetyenziswa kwendlu kaNdikhoyo.

[36]UHezekiya nabantu bephela yabonwabisa into awabenzela yona uThixo, kuba yonke yenzeka ngokukhawuleza.

2 Yeziganeko 30

Kubhiyozelwa iPasika kwakhona

[1]UHezekiya wathumela ilizwi kuye wonke uSirayeli noJuda, wabhala neeleta, wazithumela kwaEfrayim nakwaManase, ebamema ukuba baye endlwini kaNdikhoyo eJerusalem, baye kubhiyozela iPasika kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

[2]Ukumkani namaphakathi nebandla lonke laseJerusalem benza isigqibo sokubhiyozela iPasika kwinyanga yesibini.

[3]Babengabanga nako ukuyibhiyozela ngexesha layo, kuba babenganelanga ababingeleli abazihlambululayo, nabantu babengaqokelelananga eJerusalem.

não havia conseguido se reunir todo em Jerusalém.

4 Sendo assim, essa solução pareceu boa aos olhos do rei e de toda a assembleia.

5 Então decidiram anunciar uma proclamação em todo o Israel, desde Berseba até Dã, convocando o povo a Jerusalém para vir e fazer o sacrifício da Páscoa de Yahweh, o SENHOR Deus de Israel. Porquanto muitos não a celebravam de acordo com o que estava escrito.

6 Assim, por ordem do rei, mensageiros percorreram Israel e Judá munidos de cartas assinadas pelo rei e pelos oficiais, e proclamavam a seguinte mensagem: "Ó Israelitas, voltai para Yahweh, o SENHOR Deus de Abraão, de Isaque e de Israel, para que ele volte a sua face para o restante de vós que escapastes da mão dos reis da Assíria!

7 Não sejais como vossos antepassados e vossos parentes, que foram infiéis e desleais para com o SENHOR, Deus de seus pais, de modo que os entregou à destruição como vedes claramente.

8 Não sejais teimosos como vossos antepassados; mas sede submissos a Yahweh, o SENHOR, e entrai no seu santuário que ele próprio consagrou para sempre, cultuai e servi ao SENHOR vosso Deus, para que o fogo do juízo da sua ira se desvie de vós.

9 Portanto, se voltardes os vossos corações para o SENHOR, vossos irmãos, parentes e filhos encontrarão benevolência por parte dos que os aprisionaram e os sujeitaram à

4Eli cebo ke labonakala lilungile kukumkani nakwibandla liphela.

5Bazimisela ukuthumela isaziso kuSirayeli ewonke ukusukela eBhashebha kuye kwaDan, abantu bebamemela ukuba beze eJerusalem baze kubhiyozela iPasika kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Yayingazange yabhiyozelwa ngabantu abalinani elivakalayo njengoko kubhaliweyo.

6Ukumkani ekunye namaphakathi akhe bathuma izigidimi zatyhutyha uSirayeli noJuda ziphethe iileta ezazifundeka ngolu hlobo: "MaSirayeli, buyelani kuNdikhoyo uThixo ka-Abraham, kaIsake, kaSirayeli, ukuze naye abuyele kuni nina basaseleyo, basindileyo kwisandla sookumkani baseAsiriya!

7Sanukufana nooyihlo nabantakwenu bona basuke abanyaniseka kuNdikhoyo uThixo wooyise, khon' ukuze abenze umzekelo wesikizi njengoko nani nibona.

8Yahlukanani neenkani; sanukuzifanisa nooyihlo, koko zinikezeleni kuNdikhoyo. Yizani kule ndawo ingcwele, le iya kuhlala ibekelwe bucala ngonaphakade nguye. Mbuseni uNdikhoyo uThixo wenu, khon' ukuze umsindo wakhe usuke phezu kwenu.

9Ukuba nibuyele kuNdikhoyo, abantakwenu nabantwana benu baya kwenzelwa inceba ngabo babathimbileyo, baze ke babuyele kweli lizwe, kuba kaloku uNdikhoyo uThixo

escravidão, e eles retornarão para esta terra; pois Yahweh, o SENHOR vosso Deus é bom e compassivo, e não desviará o rosto de vós, se voltardes para ele!”

wenu unesisa novelwano. Akasayi kunifulathela ukuba nibuyela kuye.”

10 Os mensageiros visitaram cidade por cidade, em Efraim e em Manassés, e chegaram até Zebulom, mas o povo riu e zombou deles e os fez passar por grande humilhação.

10Izigidimi zazingena zonke iidolophu kwaEfrayim nakwaManase, zathi xhaxhe ngoZebhulon, kodwa ke abantu basuka baphoxisa ngazo, bahlekisa nokuhlekisa ngazo.

11 No entanto, alguns homens de Aser, de Manassés e de Zebulom demonstraram ter um coração sensato e humilde e decidiram partir para Jerusalém.

11Kambe ke abanye kwa-Ashere, kwaManase, nakwaZebhulon, bazithoba baya eJerusalem.

12 Por outro lado, em Judá, a mão de Deus esteve sobre o povo concedendo-lhes senso de unidade de pensamento para executarem o que o rei e os seus oficiais haviam ordenado, de acordo com a Palavra do SENHOR.

12KwaJuda uThixo abantu wabenza bavana, bamxhelo-mnye ekufezekiseni umyalelo kakumkani namaphakathi akhe ngokwelizwi likaNdikhoyo.

13 Assim, uma grande multidão ajuntou-se em Jerusalém no segundo mês, para celebrar a festa dos Ázimos, os pães sem fermento.

13EJerusalem kwahlanganisana isihlwele sabantu, beze kubhiyozela iSidlo seSonka esingaNyuswanga, kwinyanga yesibini.

14 Eles destruíram todos os altares pagãos que havia em Jerusalém, tomaram todos os altares onde eram queimados incensos aos ídolos, juntaram tudo e jogaram no ribeiro do vale de Cedrom.

14EJerusalem bawasusa amaqonga amadini kunye nalawo eziqhumiso, baya kuwaphosa kwintili yeKedron.

15 Então, imolaram o cordeiro da Páscoa no décimo quarto dia do segundo mês. Os sacerdotes e os levitas, envergonhados, consagraram-se e trouxeram holocaustos à Casa de Yahweh, o SENHOR.

15Ixhwane lePasika balixhela ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yesibini. Ababingeleli nabaLevi baba neentloni, baza bazihlambulula, benza amadini atshiswayo endlwini kaNdikhoyo.

16 Em seguida, assumiram seus postos no serviço religioso, em conformidade com o que está escrito na Torá, a Lei de Moisés, homem de Deus. Os sacerdotes aspergiram

16Baza ke bema ngeendawo zabo ngokwemigqaliselo yomthetho kaMosis umfo wakwaThixo. Ababingeleli bafefa ngalo igazi ababelinikwe ngabaLevi.

o sangue dos animais que os levitas lhes entregaram.

[17] Porquanto ainda havia muitos na comunidade que não tinham se santificado; então os levitas tiveram que sacrificar os cordeiros da Páscoa em lugar e favor de quem não estava purificado, isto é, cerimonialmente limpo e que, por esse motivo, não podia consagrar o seu cordeiro pascal ao SENHOR.

[17]Apho kweso sihlwele kwathi kanti baninzi abantu ababengazihlambululanga, ngoko ke abaLevi kwafuneka babaxhelele amaxhwane bonke abo babenomlaza, bengenako ukuwanikela kuNdikhoyo ngokwabo amaxhwane abo.

[18] Contudo, ainda que muitos dos que vieram de Efraim, de Manassés, de Issacar e de Zebulom não se tivessem purificado, assim mesmo comeram a Páscoa, contrariando o que estava prescrito. Todavia Ezequias orou por eles, suplicando: “Que Yahweh, o SENHOR, na sua imensa bondade e misericórdia, se digne a perdoar o erro e o pecado de

[18]Nangona uninzi lwabantu ababephuma kwaEfrayim, kwaManase, kwaIsakare, nakwaZebhulon babengazihlambululanga, kodwa nabo bathatha inxaxheba apho ePasikeni – nto leyo yayinxa mnye nomthetho. Kambe ke uHezekiya wabathandazela wathi: “Ngamana uNdikhoyo olungileyo wabaxolela bonke,

[19] todo aquele que sinceramente inclina seu coração para buscar a Deus, a Yahweh, o SENHOR, o Deus dos seus antepassados, mesmo que não esteja cerimonialmente limpo conforme as regras do santuário!”

[19]mntu ngamnye ozimisele ukufuna uThixo uNdikhoyo, uThixo wooyise, noba akahlambulukanga ngokwemigqaliselo yendawo engcwele.”

[20] E Yahweh, o SENHOR ouviu o apelo e a oração de Ezequias e não castigou o povo.

[20]UNdikhoyo ke wawuva loo mthandazo kaHezekiya, wabaphilisa abantu.

[21] Os israelitas que estavam em Jerusalém celebraram a festa dos pães sem fermento por sete dias com grande júbilo; e os levitas e os sacerdotes louvaram a Yahweh, o SENHOR, todos os dias com instrumentos de som de grande ressonância e estridência, cantado a plenos pulmões ao SENHOR.

[21]Loo maSirayeli ayekhona eJerusalem asibhiyozela iSidlo seSonka esingaNyuswanga iintsuku zada zasixhenxe, benemincili novuyo olukhulu; baye bona abaLevi nababingeleli bememelela bedumisa uNdikhoyo yonke imihla, bekhatshwa zizikhalisi zokudumisa uNdikhoyo.

[22] Ezequias mostrou sua aprovação a todos os levitas de grande capacidade no serviço de Yahweh. Eles comeram das ofertas da

[22]UHezekiya wabakhuthaza bonke abaLevi ababewenza ngenyameko umsebenzi kaNdikhoyo. Ngezo ntsuku zisixhenxe ke

festa por sete dias, sacrificando ofertas de paz e dando graças ao Eterno, Deus de seus pais.

babesitya izabelo zabo, benikela amadini obudlelwana, bedumisa uNdikhoyo uThixo wooyise.

[23] Então toda a comunidade decidiu prolongar a grande festa por mais sete dias, e a celebraram com muita alegria.

[23]Ibandla lonke lavumelana ukubhiyoza esinye isixhenxe seentsuku. Ngoko ke babhiyoza ngemincili ezinye iintsuku ezisixhenxe.

[24] O próprio Ezequias, rei de Judá, forneceu mil novilhos e sete mil ovelhas e bodes à comunidade para os sacrifícios; e os chefes apresentaram mil novilhos e dez mil ovelhas diante da assembleia; e muitos sacerdotes se consagraram.

[24]Ukumkani wakwaJuda uHezekiya wakhuphela elo bandla iwaka leenkunzi zeenkomo, nesixhenxe samawaka eegusha neebhokhwe; kanti ke amaphakathi wona anikezela ngewaka leenkunzi zeenkomo, neshumi lamawaka eegusha neebhokhwe. Ababingeleli abaninzi nabo bazihlambulula.

[25] Assim, toda a comunidade de Judá se alegrou, juntamente com os sacerdotes e levitas, e com todas as pessoas que haviam atendido ao convite para essa grande reunião, vindos de Israel, inclusive os estrangeiros que viviam nos territórios de Israel e Judá.

[25]Laba nemihlali lonke ibandla lakwaJuda, ndawonye nababingeleli nabaLevi nabo bonke ababephuma kwaSirayeli, kwakunye neentlanga ezaziphuma kwaSirayeli nezazimi kwelakwaJuda.

[26] Houve, portanto, grande alegria em Jerusalém, pois desde os dias de Salomão, filho de Davi, rei de Israel, não havia acontecido evento de tais proporções na cidade.

[26]Yayilulonwabo nemincili eJerusalem. Kaloku ukusukela kwimihla kaSolomon unyana kaDavide, ukumkani wakwaSirayeli, lalingazange libe khona eli theko eJerusalem.

[27] Então os sacerdotes e os levitas se levantaram e tomaram posição para impetrarem a bênção ao povo; e Deus os ouviu; a oração deles chegou aos céus, a santa Habitação de Yahweh.

[27]Ababingeleli nabaLevi bema ngeenyawo babathamsanqelisa abantu, waza ke uThixo wabeva. Kaloku umthandazo wabo waya kufikelela ekhayeni lakhe elilodwa ezulwini.

2 Crônicas 31

2 Yeziganeko 31

[1] Assim que os dias dedicados à celebração e aos festejos passaram, todos os israelitas que se achavam ali saíram às cidades de Judá, despedaçaram as estátuas pagãs,

[1]Yakuba yonke le nto ifezekile, amaSirayeli awayelapho aphuma, aya kwiidolophu zakwaJuda, afika awaqhekeza amatye anqulwayo, azigawula iintsika zika-Ashera.

cortaram e derrubaram os postes-ídolos e destruíram os altares idólatras em todo Judá e Benjamim, e em Efraim e Manassés. Logo depois de haverem derribado todos os altares pagãos, retornaram para as suas cidades, cada um para a sua propriedade.

Ezequias regula as turmas dos sacerdotes e levitas

[2] Estabeleceu o rei Ezequias os turnos dos sacerdotes e dos levitas, cada um de acordo com seus serviços religiosos, a fim de apresentarem holocaustos e sacrifícios de paz e comunhão, ministrarem, guardarem, darem graças e entoarem louvores de adoração junto aos portões do templo de Yahweh.

[3] A contribuição que fazia o rei, fruto de seus próprios bens, foi destinada para os holocaustos, para os sacrifícios realizados pelas manhãs e todas as tardes, bem como para os holocaustos do Shabbāth, todos os sábados, das Festas da Lua Nova e das festas fixas, como está escrito na Torá, a Lei do SENHOR.

[4] Além disso, ordenou ao povo, moradores de Jerusalém, que contribuísse com os sacerdotes e aos levitas, a porção que lhes era devida a fim de que pudessem dedicar-se ao estudo, ensino e prática da Torá, a Lei de Yahweh.

[5] Assim que se proclamou esta ordem real, os filhos de Israel trouxeram em abundância as primícias do cereal , do vinho, do azeite, do mel e de todo produto do campo; também os dízimos de tudo trouxeram generosamente.

Iindawo eziphakamileyo zonqulo azitshabalalisa, ngokunjalo namaqonga, kulo lonke elakwaJuda nakwaBhenjamin, kwaEfrayim nakwaManase. Akuba ezitshabalisile zonke ezo zinto, amaSirayeli onke agoduka aya ngeedolophu zawo emihlabeni yawo.

Imirhumo yonqulo

[2]UHezekiya wamisela ababingeleli nabaLevi ngamaqela abo, iqela ngalinye ngokwemisebenzi yalo kubabingeleli nakubaLevi, ukuze banikele amadini atshiswayo nawobudlelwana, nokuze balungiselele, benze imibulelo, batsholoze ngeendumiso emasangweni endlu kaNdikhoyo.

[3]Ukumkani warhuma kwezakhe izinto, wanikela amadini atshiswayo akusasa nawamatshona, kwakunye namadini atshiswayo eMihla yokuPhumla, awokuthwasa kwenyanga, nawamatheko amisiweyo, njengoko kubhaliweyo emthethweni kaNdikhoyo.

[4]Abantu abahlala eJerusalem wabayalela ukuba bakhuphe izabelo zababingeleli nabaLevi, ukuze bona bakwazi ukuzinikezela ngokupheleleyo emthethweni kaNdikhoyo.

[5]Akuwuva loo myalelo amaSirayeli enza izinwe, akhupha ulibo lwengqolowa newayini entsha, amafutha omnquma, nobusi, nayo yonke into eyimveliso yamasimi. Wamninzi umnikelo abawuzisayo, bethatha isishumi sento nganye.

[6] Os filhos de Israel e de Judá que habitavam nas cidades de Judá também trouxeram com alegria o dízimo de todos os seus rebanhos, e de todos os utensílios e objetos consagrados e dedicados ao SENHOR seu Deus; e depositaram tudo ali, formando muitas e muitas pilhas.

[7] No terceiro mês, começaram a organizar as primeiras pilhas de doações; e no sétimo mês, concluíram a coleta.

[8] Quando o rei Ezequias e os chefes observaram aqueles montões de ofertas, agradeceram e louvaram o SENHOR e bendisseram o seu povo Israel.

[9] Então Ezequias indagou aos sacerdotes e aos levitas acerca daquelas pilhas de produtos doados.

[10] O sumo sacerdote Azarias, que pertencia à família de Zadoque, lhe explicou: "Desde que o povo começou a trazer sua doações para a Casa de Yahweh, tem havido o que comer e de que se fartar, e ainda nos tem sobrado bastante, porquanto o SENHOR abençoou o seu povo; e estes montões são as sobras!"

[11] Diante disso, Ezequias mandou preparar depósitos no templo do SENHOR; e assim o fizeram imediatamente.

[12] Ali recolheram fielmente as ofertas, os dízimos e todos os objetos e produtos dedicados. O levita Conanias foi encarregado desses deveres, e seu irmão Simei era o seu auxiliar.

[13] Jeiel, Azazias, Naate, Asael, Maate e Benaia eram supervisores, subordinados a Conanias e ao seu irmão Simei, por nomeação do rei Ezequias e de Azarias, o

[6]Abantu bakwaSirayeli nakwaJuda ababehlala kwiidolophu zakwaJuda bezisa nezishumi zeenkomo nezeegusha ndawonye nesishumi sezinto ezingcwele bazinikela kuNdikhoyo uThixo wabo; ewe, bazigalela zaziingqumba.

[7]Le nto ke bayiqala ngenyanga yesithathu, baza bayigqiba kwinyanga yesixhenxe.

[8]UHezekiya enamaphakathi akhe wathi akuzibona ezo ngqumba wamdumisa uNdikhoyo, wabathamsanqelisa abantu bakhe amaSirayeli.

[9]UHezekiya wathetha nababingeleli nabaLevi ngezo ngqumba,

[10]waza ke umbingeleli omkhulu, uAzariya wendlu kaZadoki wathi: "Oko abantu baqalayo ukuzisa imirhumo yabo endlwini kaNdikhoyo, sitsho sanokutya okwaneleyo kude kubekho nentsalela, kuba uNdikhoyo ubathamsanqele abantu bakhe – ewe, le ntaphane ingaka ngamasalela."

[11]UHezekiya wayalela ukuba kulungiswe oovimba endlwini kaNdikhoyo; yenziwa ke loo nto.

[12]Beza nayo ngenyameko ke yonke imirhumo leyo – izishumi neminikelo. Owayevelele lo msebenzi yayinguKonaniya umLevi encediswa ngumntakwabo uShimeyi.

[13]Ukumkani uHezekiya noAzariya iphakathi elalongamele indlu kaThixo, bamisela la madoda ukuba asebenze phantsi koKonaniya nomntakwabo uShimeyi:

oficial encarregado de chefiar a Casa de Deus.

[14] O levita Coré, filho de Imna, guarda da porta leste, foi encarregado das ofertas voluntárias feitas a Deus, distribuindo as doações dedicadas a Yahweh e as ofertas santíssimas.

[15] Sob comando dele estavam Éden, Miniamim, Jesua, Semaías, Amarias e Secanias, que, nas cidades dos sacerdotes, com toda a fidelidade distribuíram ofertas aos seus colegas sacerdotes de acordo com seus turnos, tanto aos idosos quanto aos jovens.

[16] Sem levar em conta se os seus nomes estavam ou não nas listas dos seus antepassados, a distribuição era concedida generosamente a todos os homens de três anos para cima que iam à Casa de Yahweh para fazer os seus serviços religiosos diários, segundo o ministério que realizavam, conforme os cargos sob suas responsabilidades e de acordo com seus respectivos turnos.

[17] A lista dos sacerdotes foi elaborada conforme os seus grupos de famílias; os levitas de vinte com mais de vinte anos, de acordo com suas responsabilidades e seus turnos.

[18] Esse mesmo registro genealógico incluía todos os filhos pequenos, as mulheres e os filhos e filhas de todo o grupo, pois, os sacerdotes e os levitas haviam sido fiéis em se consagrarem.

uYehiyeli, uAzaziya, uNahati, uAsaheli, uJerimoti, uYozabhadi, uEliyeli, uIsemakiya, uMahati, noBhenaya.

[14]Ke kaloku uKore unyana kaImna umLevi owayengumlindi wesango elisempuma, wayongamele iminikelo yokuqhutywa yintliziyo enikelwa kuThixo, esaba imirhumo kaNdikhoyo kwakunye nezipho ezizodwa.

[15]Wayencediswa nguEden, uMiniyamin, uYeshuwa, uShemaya, uAmariya, noShekaniya, besebenza ngenyameko kwiidolophu zababingeleli, ababingeleli bebabela ngokwamaqela abo, abadala kwanabanci, bengenagobe.

[16]Ngaphezu koko babela bonke abangamadoda abaminyaka mithathu nangaphezulu abamagama afumanekayo kuludwe lweenkcukacha zomlibo – bonke ababenelungelo lokungena endlwini kaNdikhoyo basebenze imisebenzi yabo yemihla ngemihla kumaqela ahlukeneyo ngokwemisebenzi yawo.

[17]Bababela ababingeleli ababhaliswe kuludwe ngokwezindlu zabo, ngokunjalo nabaLevi abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu, ngokwamaqela nemisebenzi yabo.

[18]Babandakanya nabantwana, abafazi, oonyana neentombi zebandla lonke, abo bakuludwe lweenkcukacha zomlibo. Kaloku babethembekile ekuzihlambululeni.

[19] Dentre os sacerdotes, filhos de Arão, que moravam nos campos dos arredores das suas cidades, havia, em cada cidade, homens que foram designados nominalmente para distribuírem as porções a todo homem entre os sacerdotes e a seus filhos e a todos levitas que foram registrados.

[20] Assim, fez Ezequias em todo o Judá; fez o que era bom e justo, reto e verdadeiro diante de Yahweh, o SENHOR seu Deus.

[21] Em toda a obra que empreendeu no serviço do templo de Deus, bem como na obediência à Tora, Lei e aos mandamentos, Ezequias buscou o seu Deus e trabalhou de todo o coração; e por isso prosperou.

2 Crônicas 32

Senaqueribe invade Judá, e Deus destrói o seu exército

[1] Passados estes acontecimentos históricos, e tudo quanto Ezequias realizou movido por sua fidelidade, Sanheriv, Senaqueribe, rei da Assíria, invadiu Judá e sitiou as cidades fortes com o propósito de conquistá-las.

[2] Assim que Ezequias percebeu que Senaqueribe tinha planos para invadir Jerusalém,

[3] buscou o conselho de seus príncipes, oficiais e comandantes do exército sobre a ideia de mandar fechar a passagem de água das fontes do lado de fora da cidade; e eles o ajudaram.

[4] Assim, foram reunidos muitos homens, e fecharam todas as fontes e o riacho que atravessava a região, porquanto

[19]Ke ababingeleli, inzala ka-Aron, abo babehlala emaphandleni ajikeleze iidolophu, kanti nasezidolophini, kwakhethwa amadoda ukuhambisa izabelo kuye wonke oyindoda phakathi kwabo, nakubo bonke abakuludwe lwemilibo yabaLevi.

[20]Nantso ke imisebenzi eyenziwa nguHezekiya kulo lonke elakwaJuda; ewe, wenza okuhle nokufanelekileyo, wanyaniseka kuNdikhoyo uThixo wakhe.

[21]Kuko konke awayekwenzela indlu kaThixo, nasekuthobeleni umthetho nemiyalelo, wayesoloko efunana noThixo wakhe, emsebenzela ngomxhelo wakhe wonke. Ngenxa yale nto ke waba nempumelelo.

2 Yeziganeko 32

USenakeribhe ugrogrisa iJerusalem

(2 Kum 18–19)

[1]Emva kwezo zenzo zentembeko zikaHezekiya elakwaJuda lahlaselwa nguSenakeribhe ukumkani waseAsiriya. Wazingqinga izixeko ezinqatyisiweyo, ezimisele ukutyhoboza azithimbele kuye.

[2]UHezekiya akuqonda ukuba uSenakeribhe ugalelekile waye ezimisele ukulwa neJerusalem,

[3]wathetha-thethana namaphakathi akhe, kunye namagosa omkhosi, eceba ukuvala amanzi asuka emithonjeni engaphandle kwesixeko, baza ke bavumelana naye.

[4]Kwaqokelelwa iqela elikhulu labantu, baza bayivala yonke imithombo kunye nentlambo eyayinqumla kwelo lizwe.

argumentavam: "Por que viriam os reis da Assíria e achariam água à vontade para saciar-lhes a sede?"

Babesithi: "Asinakubayeka ookumkani baseAsiriya beze, ze bafumane amanzi angaka."

[5] Em seguida, com grande zelo e dedicação, restaurou todos os trechos quebrados do muro e construiu torres de vigia sobre ele. Edificou também outro muro do lado de fora do primeiro e reforçou a Milo, o aterro, da Cidade de Davi; mandou ainda produzir grande quantidade de lanças e escudos.

[5]Wazabalaza ezilungisa zonke iindawo ezonakeleyo eludongeni, esakha neenqaba eziphakamileyo. Wakha nolunye udonga ngaphaya kwalo, waza walomeleza ungqameko lwesixeko sikaDavide. Kananjalo wenza nentaphane yezixhobo kunye namakhaka.

[6] Designou oficiais de guerra para comandar o povo, reuniu-os na praça da porta da cidade e lhes falou profundamente ao coração, dizendo:

[6]Abantu wabamisela amagosa omkhosi, waza wabaqokelela ebaleni lesixeko ngasesangweni, wabakhuthaza ngala mazwi, wathi:

[7] "Sede fortes e corajosos, não temais, nem vos assusteis por causa do rei da Assíria, nem por causa do seu enorme exército, pois conosco marcha um poder muito maior do que o que está com ele!

[7]"Yomelelani nikhaliphe! Ze ningabi nadyudyu okanye nityhafe ngenxa yokumkani waseAsiriya nomkhosi wakhe omkhulu; kaloku baninzi abangakuthi kunabo bangakuye.

[8] Com ele está apenas um braço humano, mas conosco está o braço forte de Yahweh, o SENHOR, o nosso Deus, para nos ajudar e para travar as nossas batalhas!" E o todo o povo, naquele mesmo momento, se encheu de confiança com as palavras proferidas pela boca de Ezequias, rei de Judá.

[8]Ngakuye ngamandla omntu, ukanti ngakuthi nguNdikhoyo uThixo wethu oza kusinceda asilwele amadabi ethu." Ke abantu batsho bomelela ngaloo mazwi kaHezekiya ukumkani wakwaJuda.

[9] Mais tarde, quando Senaqueribe, rei da Assíria, e todo o seu exército movimentava-se com o objetivo de sitiar a cidade de Laquis, mandou oficiais a Jerusalém com a seguinte advertência a Ezequias e a todo o povo de Judá que habitava nessas terras:

[9]Kamva ke xa uSenakeribhe ukumkani waseAsiriya nomkhosi wakhe uphela babengqinge iLakishe, wathumela amagosa akhe nalo myalezo, ewubhekisa kuHezekiya ukumkani wakwaJuda kunye nabo bonke abantu bakwaJuda ababeseJerusalem, esithi:

[10] "Assim diz Senaqueribe, rei da Assíria: 'Em que depositais a vossa confiança, para vos deixardes cercar em Jerusalém?

[10]"Ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe uthi: Khanitsho, niqamele ngani, ukuze nihlale ngaphakathi kweJerusalem engqingiweyo nje?

[11] Ora, quando Ezequias promete: 'Yahweh, o SENHOR, o nosso Deus, nos salvará das mãos do rei da Assíria', ele os está simplesmente enganando, a fim de deixá-los morrer de fome e de sede.

[12] E não esse mesmo Ezequias que destruiu os altares desse deus, ordenando a Judá e a Jerusalém: "Diante de um único altar vos prostrareis e sobre ele oferecereis vossos perfumes, queimados como incenso sagrado!'?

[13] Não sabeis vós o que eu e meus antepassados fizemos a todos os povos das terras? Porventura, alguma vez os deuses daquelas nações tiveram forças para livrar a sua gente das minhas mãos?

[14] De todos os deuses das nações que os meus antepassados destruíram, qual deles conseguiu salvar o seu povo de mim? Sendo assim, como então o vosso deus poderia livrar-vos das minhas mãos?

[22]Ngonyaka wokuqala kakumkani uKoreshi wasePeshiya, ukuzalisekisa amazwi awawathetha ngomlomo kaJeremiya, uNdikhoyo wawuxhokonxa umoya kakumkani uKoreshi wasePeshiya, waza wawisa umthetho kuwo wonke ummandla wakhe, wayalela ukuba ubhalwe, kusithiwa:

[23]"Utsho uKoreshi, ukumkani wasePeshiya, ukuthi: 'UNdikhoyo uThixo wezulu uzinikele kum zonke izikumkani zehlabathi; kananjalo undimisele ukuba ndimakhele indlu eJerusalem kwelakwaJuda. Ngoko ke, nabani phakathi kwenu nonke ongowabantu bakhe, ngamana uThixo wakhe waba naye, anduluke aye khona.' "

Esdras	UEzra

Esdras 1

Ciro convida os judeus a voltarem para Jerusalém e a edificarem o templo

[1] No primeiro ano do reinado de Córesh, Ciro, rei da Pérsia, para que se cumprisse a Palavra de Yahweh, o SENHOR, anunciada por Jeremias, Yahweh moveu o coração de Ciro, rei da Pérsia, para que fizesse uma proclamação, por escrito e de viva voz, em todo o território de seu domínio, dizendo o seguinte:

[2] “Assim fala Ciro, rei da Pérsia: ‘Yahweh, o Deus do universo, entregou em minhas mãos todos os reinos da terra; ele me encarregou de construir para sua pessoa uma Casa em Jerusalém, nas terras de Judá.

[3] Sendo assim, todo aquele que, dentre vós, pertence ao seu povo, sê livre desde agora e parta para Jerusalém de Judá, e construa de novo o Templo de Yahweh, o SENHOR, o Deus de Israel. Ele é o Deus cujo Nome é adorado e habita em Jerusalém.

[4] E que todo sobrevivente, qualquer que seja o lugar em que esteja morando, seja ajudado pelos homens de sua vizinhança com prata, ouro, bens e animais, além das ofertas voluntárias para a reedificação da Casa de Deus em Jerusalém!”

[5] Então os líderes das famílias de Judá e de Benjamim, como também os sacerdotes e os levitas, todos aqueles cuja alma Deus havia despertado, se motivaram a ir para Jerusalém e a construir novamente o Templo de Yahweh, o SENHOR.

UEzra 1

UKoreshi ukhulula abathinjwa

(2 Gan 36:22-23)

[1]Ngonyaka wokuqala kakumkani uKoreshi wasePeshiya, ukuzalisekisa amazwi awawathetha ngomlomo kaJeremiya, uNdikhoyo wawuxhokonxa umoya kakumkani uKoreshi wasePeshiya, waza wawisa umthetho kuwo wonke ummandla wakhe, wayalela ukuba ubhalwe, kusithiwa:

[2]“Utsho uKoreshi, ukumkani wasePeshiya, ukuthi: ‘UNdikhoyo uThixo wezulu uzinikele kum zonke izikumkani zehlabathi, kananjalo undimisele ukuba ndimakhele indlu eJerusalem kwelakwaJuda.

[3]Ngoko ke, nabani phakathi kwenu nonke ongowabantu bakhe, ngamana uThixo wakhe waba naye, anduluke aye eJerusalem kwelakwaJuda, ayakhe indlu kaNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, uThixo oseJerusalem.

[4]Onke amasalela, ezindaweni zonke axhwarhe kuzo, makancedwe ngabantu bezo ndawo akuzo, anikwe isiliva negolide nenye impahla, kunye nemfuyo kwaneminikelo yokuqhutywa yintliziyo ukwenzela indlu kaThixo eJerusalem.’ ”

[5]Ke kaloku iinkulu zezindlu zakwaJuda nakwaBhenjamin, ababingeleli, nabaLevi, naye wonke umntu ontliziyo ichukunyiswe nguThixo, balungiselela ukuya kwakha indlu kaNdikhoyo eJerusalem.

[6] E todos os seus vizinhos os ajudaram com utensílios de prata, ouro, bens, animais e objetos preciosos, além de todas as ofertas voluntárias que fizeram.

[7] Além disso, o rei Ciro tirou os utensílios que pertenciam a Casa de Yahweh, os quais Nabucodonosor tinha trazido de Jerusalém e que tinha depositado na casa de seus deuses.

[8] Ciro, rei da Pérsia, também ordenou a Mitredate, o tesoureiro, que os tirasse, e este os entregou contados a Sheshbatsár, Sesbazar, príncipe e governador de Judá.

[9] O total dos objetos foi o seguinte: trinta tigelas de ouro, mil tigelas de prata, vinte e nove panelas de prata,

[10] trinta bacias de ouro, quatrocentas e dez bacias de prata de menor valor e mil outros objetos.

[11] Ao todo foram cinco mil e quatrocentos utensílios de ouro e de prata. Sesbazar levou todos eles na ocasião em que os exilados retornaram da Babilônia para Jerusalém.

Esdras 2

A lista dos que voltaram de Babilônia para Jerusalém com Zorobabel

[1] Esta é a lista dos homens cativos da província de Judá que Nabucodonosor, rei da Babilônia, tinha levado para seu país. Eles retornaram para Jerusalém e Judá, cada um para a sua própria cidade.

[6]Bonke abamelwane babo babancedisa ngezinto zesiliva, nezegolide, nenye impahla, nangemfuyo, nezipho ezixabisekileyo, ndawonye neminikelo yokuqhutywa yintliziyo.

[7]Kananjalo ke ukumkani uKoreshi wayikhupha impahla eyayisetyenziswa endlwini kaNdikhoyo, leyo yayithinjwe nguNebhukadenezare eJerusalem waza wayibeka endlwini yothixo wakhe.

[8]Ukumkani uKoreshi wasePeshiya wathi mayikhutshwe nguMitredati unondyebo, owazibalayo wazinikezela kuSheshbhazare itshawe lakwaJuda.

[9]Ngawo la ke amanani azo: zegolide, 30; izitya zesiliva, 1.000, iipani zesiliva, 29.

[10]iindebe zegolide, 30, iindebe zesiliva eziyeleleneyo, 410, ezinye izitya, 1.000.

[11]Zizonke ke ezi zinto zingamawaka amahlanu anamakhulu amane, izezegolide nezesiliva. Xa bagodukayo ke abathinjwa bephuma eBhabheli besiya eJerusalem, uSheshbhazare wazithatha bahamba nazo.

UEzra 2

Uludwe lwabathinjwa ababuyileyo

(Neh 7:6-69)

[1]Naba ke abantu bephondo lakwaJuda abâkhululwáyo ekuthinjweni kwelaseBhabheli, okuya babethinjwe ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli. Ke kaloku babuyela eJerusalem nakwaJuda, elowo waya kwidolophu yakowabo.

2 Voltaram acompanhados por: Zorobabel, Jesua, Neemias, Seraías, Reelaías, Mardoqueu, Bilsã, Mispar, Bigvai, Reum e Baamá. Portanto, esta é lista dos homens israelitas:

3 Os filhos, descendentes, de Parós, dois mil cento e setenta e dois;

4 de Sefatias, trezentos e setenta e dois;

5 de Ara, setecentos e setenta e cinco;

6 de Paate-Moabe, por meio da linhagem de Jesua e Joabe, dois mil oitocentos e doze;

7 de Elão, mil duzentos e cinquenta e quatro;

8 de Zatu, novecentos e quarenta e cinco;

9 de Zacai, setecentos e sessenta;

10 de Bani, seiscentos e quarenta e dois;

11 de Bebai, seiscentos e vinte e três;

12 de Azgabe, mil duzentos e vinte e dois;

13 de Adonicão, seiscentos e sessenta e seis;

14 de Bigvai, dois mil e cinquenta e seis;

15 de Adim, quatrocentos e cinquenta e quatro;

16 de Ater, por meio de Ezequias, noventa e oito;

17 de Besai, trezentos e vinte e três;

18 de Jora, cento e doze;

19 de Hasum, duzentos e vinte e três;

20 de Gibar, noventa e cinco;

21 os filhos da cidade de Belém, cento e vinte e três;

22 de Natofate, cinquenta e seis;

23 de Anatote, cento e vinte e oito;

24 de Azmavete, quarenta e dois;

25 de Kiriát-Arim, Kefirá e Beerot, setecentos e quarenta e três;

26 de Ramá e Geba, seiscentos e vinte e um;

2 Babekhokelwe nguZerubhabheli, uYeshuwa, uNehemiya, uSeraya, uRelaya, uModekayi, uBhileshan, uMispare, uBhigwayi, uRewum, noBhana. Nalu ke uludwe lwamaSirayeli awabuyayo ndawonye namanani awo:

3 inzala kaParoshe, 2.172,

4 ekaShefatiya, 372,

5 eka-Ara, 775,

6 ekaPahati-mowabhi ngomlibo kaYeshuwa noJowabhi, 2.812,

7 ekaElam, 1.254,

8 ekaZatu, 945,

9 ekaZakayi, 760,

10 ekaBhani, 642,

11 ekaBhebhayi, 623,

12 eka-Azegadi, 1.222,

13 eka-Adonikam, 666,

14 ekaBhigwayi, 2.056,

15 eka-Adin, 454,

16 eka-Atere ngoHezekiya, 98,

17 ekaBhezayi, 323,

18 ekaYora, 112,

19 ekaHashum, 223,

20 ekaGibhare, 95,

21 abantu baseBhetelehem, 123,

22 abaseNetofa, 56,

23 abaseAnatoti, 128

24 abaseAzemavete, 42,

25 abaseKiriyati-yarim, eKefira, naseBheroti, 743,

26 abaseRama naseGebha, 621,

[27] de Micamás, cento e vinte e dois;
[28] de Betel e Ai, duzentos e vinte e três;
[29] de Nebo, cinquenta e dois;
[30] de Magbis, cento e cinquenta e seis;
[31] dos filhos do outro Elão, mil duzentos e cinquenta e quatro;
[32] de Harim, trezentos e vinte;
[33] de Lode, Hadide e Ono, setecentos e vinte e cinco;
[34] de Jericó, trezentos e quarenta e cinco;
[35] de Senaá, três mil seiscentos e trinta.
[36] Os sacerdotes: os filhos, descendentes, de Jedaías, por intermédio da família de Jesua, novecentos e setenta e três;
[37] de Imer, mil e cinquenta e dois;
[38] de Pasur, mil duzentos e quarenta e sete;
[39] de Harim, mil e dezessete.
[40] Os levitas: os filhos de Jesua e de Cadmiel, por meio da linhagem de Hodavias, setenta e quatro.
[41] Os cantores: os filhos de Asafe, cento e vinte e oito.
[42] Os porteiros da Casa: os descendentes de Salum, Ater, Talmom, Acube, Hatita e Sobai, cento e trinta e nove.
[43] Os servidores do Templo: os filhos, descendentes, de Zia, Hasufa, Tabaote,
[44] Queros, Sai, Padom,
[45] Lebana, Hagaba, Acube,
[46] Hagabe, Sanlai, Hanã,
[47] Gidel, Gaar, Reaías,
[48] Rezim, Necoda, Gazão,
[49] Uzá, Paseia, Besai,
[50] Asná, Meunim, Nefusim,
[51] Baquebuque, Hacufa, Harur,
[52] Baslute, Meída, Harsa,
[53] Barcos, Sísera, Tamá,

[27]abaseMikimashe, 122,
[28]abaseBhetele naseAyi, 223,
[29]abaseNebho, 52,
[30]abaseMagebhishe, 156,
[31]abenye iElam, 1.254,
[32]abaseHarim, 320,
[33]abaseLodi, iHadide, neOno, 725,
[34]abaseJeriko, 345,
[35]abaseSena, 3.630.
[36]Ababingeleli: inzala kaYedaya ngendlu kaYeshuwa, 973,
[37]ekaImere, 1.052,
[38]ekaPashure, 1.247,
[39]ekaHarim, 1.017.
[40]AbaLevi: inzala kaYeshuwa noKademiyeli ngomlibo kaHodaviya, 74,
[41]Iimvumi: inzala ka-Asafu, 128,
[42]Abalindi-masango endlu kaThixo: inzala kaShalum, uAtere, uTalemon, uAkubhi, uHatita, noShobhayi, 139,
[43]Izicaka zendlu kaThixo: inzala kaZiya, uHasufa, uTabhayoti,
[44]uKerose, uSiyaha, uPadon,
[45]uLebhana, uHagabha, uAkubhi,
[46]uHagabhi, uShalemayi, uHanan,
[47]uGidele, uGahare, uRaya,
[48]uRezin, uNekoda, uGazam,
[49]u-Uza, uPaseya, uBhesayi,
[50]uAsna, uMewunim, uNefusim,
[51]uBhakebhuki, uHakufa, uHarure,
[52]uBhazeluti, uMehida, uHasha,
[53]uBhakose, uSisera, uTama,

54 Nesias e Hatifa,	54uNeziya, noHatifa
55 Os filhos, descendentes, dos servos de Salomão: os filhos de Sotai, Soferete, Peruda,	55Inzala yezicaka zikaSolomon: inzala kaSotayi, uSoferete, uPeruda,
56 Jaala, Darcon, Gidel,	56uYala, uDakon, uGidele,
57 Sefatias, Hantil, Poquerete-Hazebaim e Ami.	57uShefatiya, uHatili, uPokerete-zebhayim, noAmi
58 Todos os servidores do templo e os filhos dos servos de Salomão totalizaram trezentos e noventa e dois.	58Izicaka zendlu kaThixo nenzala yezicaka zikaSolomon, 392.
59 Os que chegaram das cidades de Tel-Melá, Tel-Harsa, Querube, Adã e Imer, mas não puderam comprovar que suas famílias desceram de Israel, foram os seguintes:	59Aba balandelayo babesuka kwiidolophu zaseTele-mela, eTele-hasha, eKerubhi, eAdan, naseImere; kambe ke ababanga nako ukuluvelisa uludwe lwemilibo yezindlu zabo kwaSirayeli:
60 Os descendentes de Delaías, os filhos de Tobias, os filhos de Necoda, seiscentos e cinquenta e dois.	60inzala kaDelaya nekaTobhiya nekaNekoda
61 Também dos filhos dos sacerdotes: os filhos de Habaías, os filhos de Coz, os filhos de Barzilai, que se casara com uma das filhas de Barzilai, de Gileade, e que era conhecido pelo nome do sogro.	61Ke kwinzala yababingeleli: inzala kaHabhaya, uHakozi, noBhazilayi (umfo owayethathe intombi kaBhazilayi umGiliyadi waza wabizwa ngaloo mlibo)
62 Estes tentaram encontrar seus registros genealógicos, mas não os encontrando, foram excluídos do sacerdócio e considerados impuros para o exercício deste ministério.	62Aba ke balukhangela uludwe lwemilibo yezindlu zakomawabo, kodwa ke zange balufumane, ngoko ke zange babandakanywe nobubingeleli, koko bathathwa njengabanomlaza.
63 O governador proibiu que comessem dos alimentos sagrados enquanto não houvesse um sacerdote que consultasse a Deus por meio do Urim e do Tumim.	63Ke umlawuli wayalela ukuba bangatyi mpela kwizinto ezingcwele, kude kubekho umbingeleli obalungiselelayo ngeeurim neethumim.
64 O total geral dos que retornaram do exílio atingiu o número de quarenta e dois mil trezentos e sessenta homens,	64Bebonke babengamashumi amane anambini amawaka namakhulu amathathu anamashumi amathandathu,

[65] além dos seus sete mil trezentos e trinta e sete servos e servas; havia entre eles duzentos cantores e cantoras.

[66] Possuíam setecentos e trinta e seis cavalos, duzentos e quarenta e cinco burros,

[67] quatrocentos e trinta e cinco camelos e seis mil, setecentos e vinte jumentos.

[68] Quando alguns dos chefes das famílias foram à Casa de Yahweh em Jerusalém, deram ofertas voluntárias para a reconstrução do templo de Deus no seu antigo local.

[69] Conforme as suas posses, entregaram à tesouraria para investir nessa obra o equivalente a quinhentos quilos de ouro, três toneladas de prata e cem vestes sacerdotais.

[70] Os sacerdotes, os levitas, os cantores, os porteiros e os servidores do templo, bem como os demais israelitas, estabeleceram-se em suas cidades de origem.

[65]ngaphandle kwamawaka asixhenxe anamakhulu mathathu, mashumi mathathu anesixhenxe ezicaka ezingamadoda nezibhinqileyo. Ngokunjalo babeneemvumi ezingamakhulu amabini amadoda nababhinqileyo.

[66]Kananjalo babenamahashe angamakhulu asixhenxe mashumi mathathu nesithandathu; iimeyile ezingamakhulu amabini mashumi mane nesihlanu;

[67]iinkamela zingamakhulu amane mashumi mathathu nantlanu; iidonki zona zisisithandathu samawaka, amakhulu asixhenxe mashumi mabini.

[68]Bakufika endlwini kaNdikhoyo eJerusalem ezinye zeenkulu zezindlu zakhupha umnikelo ngokuqhutywa yintliziyo, ukuze kuhlaziywe indlu kaThixo esizeni sayo.

[69]Banikela ngokwamandla abo kuvimba, bagalela igolide ebunzima buziikhilogram ezimakhulu mahlanu, kunye nesiliva ebunzima buziikhilogram ezimawaka mabini namakhulu asibhozo, kunye nekhulu leminweba yababingeleli.

[70]Ke kaloku ababingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango, nezicaka zendlu kaThixo, bebonke baya kuma kwiidolophu zakumawabo, ndawonye nabanye abantu. Kananjalo ke nabanye abangamaSirayeli bema ngokweedolophu zakomawabo.

Esdras 3

É levantado o altar

[1] Quando chegou o sétimo mês e os israelitas já estavam estabelecidos em suas cidades, o povo se reuniu finalmente em

UEzra 3

Ukuvuswa kweqonga lamadini

[1]Ke kaloku yathi ifika inyanga yesixhenxe, aye amaSirayeli selezinzile kwiidolophu zawo. Ke bonke abantu baqokelelana eJerusalem.

Jerusalém como grande unanimidade, como se fosse um só ser humano.

[2] Então Jesua, filho de Jozadaque, com seus irmãos, os sacerdotes, e Zorobabel, filho de Sealtiel, e seus irmãos, dispuseram seus corações e começaram a soerguer o altar do Deus de Israel, com o objetivo de voltar a oferecer holocaustos sobre ele, de acordo com o que está expresso na Torá, Lei de Moisés, homem de Deus.

[3] Apesar do receio que tinham dos povos ao redor, firmaram o altar sobre a sua base e nele ofereceram holocaustos, os sacrifícios totalmente queimados, a Yahweh, o SENHOR, pela manhã e também ao pôr-do-sol.

[4] Depois celebraram a festa Sucót, isto é, dos tabernáculos, seguindo o que fora prescrito, e ofereceram holocaustos diários de acordo com o número determinado para cada dia.

[5] A seguir apresentaram os holocaustos regulares, os sacrifícios da lua nova e os sacrifícios requeridos para todas as festas sagradas determinadas por Yahweh, bem como os que foram trazidos como ofertas voluntárias ao SENHOR.

[6] A partir do primeiro dia do sétimo mês deram início ao oferecimento de holocaustos a Yahweh, embora ainda não tivessem sido lançados os alicerces do novo templo do SENHOR.

[7] Deram, portanto, o dinheiro aos pedreiros e aos carpinteiros, como também comida, bebida e azeite aos sidônios e tírios, para trazerem, pelo mar, madeira de cedro do Líbano para a cidade de Jope, tudo

[2]UYeshuwa unyana kaJozadaki nabantakwabo ababingeleli kunye noZerubhabheli unyana kaShelatiyeli noogxa bakhe baqalisa ukwakha iqonga likaThixo kaSirayeli lokwenza amadini atshiswayo, ngokwamazwi abhalwe kumthetho kaMosis umfo wakwaThixo.

[3]Nakuba babebaxhalele abantu ababemelene nabo, balakha iqonga esizeni salo, baza benzela uNdikhoyo amadini atshiswayo apho kulo, ndawonye namadini akusasa nawamatshona.

[4]Kananjalo njengoko kubhaliwe, babhiyozela iTheko lamaPhempe, imini nganye ngokwamadini atshiswayo amiselweyo.

[5]Emva koko banikela amadini atshiswayo amiselweyo: amadini okuthwasa kwenyanga, namadini amatheko kaNdikhoyo amiselweyo, kunye neminikelo yokuqhutywa yintliziyo kuNdikhoyo.

[6]Ngomhla wokuqala wenyanga yesixhenxe baqalisa ukwenzela uNdikhoyo amadini atshiswayo.

Ukwakhiwa ngokutsha kwendlu kaThixo

Sasingekabekwa isiseko sendlu kaNdikhoyo.

[7]Ke bakhupha imali, bayinika abaqingqi bamatye nabachweli. Bakhupha nokutya, into eselwayo, namafutha omnquma, banika abantu baseSidon nabaseTire, ukuze babathwalele izibonda zomsedare eLebhanon, bazifake elwandle, ziye eJopa,

conforme a expressa autorização de Ciro, rei da Pérsia.

São postos os alicerces do templo

[8] No segundo mês do segundo ano depois de chegarem à Casa de Deus em Jerusalém, Zorobabel, filho de Sealtiel, e Jesua, filho de Jozadaque, e os outros seus irmãos, os sacerdotes e os levitas, e todos os que retornaram do cativeiro para Jerusalém deram início à construção e designaram os levitas de vinte anos para cima para supervisionarem a obra de construção do novo templo de Yahweh, o SENHOR.

[9] Jesua, seus filhos e seus irmãos, com Cadmiel e seus filhos, descendentes de Hodavias, isto é, Judá, e os filhos de Hedade e seus filhos e seus irmãos, todos eles levitas, uniram-se como um só ser humano, para trabalhar e supervisionar os que trabalhavam na edificação do templo de Deus.

[10] Quando os edificadores lançaram os alicerces do novo templo do SENHOR, apresentaram-se os sacerdotes, todos devidamente paramentados e ao som de trombetas, e os levitas, filhos de Asafe, com címbalos para louvarem a Yahweh, o SENHOR, de acordo com as orientações de Davi, rei de Israel.

[11] Cantavam alternadamente, louvando, adorando e rendendo graças ao SENHOR, com estas palavras: “Ele é bom, porque a sua misericórdia dura para sempre sobre Israel!” E todo o povo bradava de júbilo, louvando ao SENHOR por ter lançado os alicerces da Casa de Yahweh.

ngokomyalelo kakumkani uKoreshi wasePeshiya.

[8]Ngenyanga yesibini kunyaka wesibini befikile endlwini kaThixo eJerusalem, uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, uYeshuwa unyana kaJozadaki, nabantakwabo ababingeleli nabaLevi, nabo bonke ababebuyele eJerusalem bephuma ekuthinjweni, bawuqalisa umsebenzi, bamisela abaLevi abaminyaka imashumi mabini nangaphezulu ukuba bavelele umsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaNdikhoyo.

[9]UYeshuwa noonyana bakhe nabantakwabo, noKademiyeli noonyana bakhe (inzala kaJuda), noonyana bakaHenadadi, noonyana babo, nabantakwabo, bonke bengabaLevi, ewe, xa bebonke babejonge abasebenzi ababesakha indlu kaThixo.

[10]Bathe abakhi bakusimisa isiseko sendlu kaNdikhoyo, ababingeleli bevathe ezobubingeleli, bephethe amaxilongo, abaLevi bona (oonyana baka-Asafu) bephethe amacangci, bebonke bema ngeendawo zabo, badumisa uNdikhoyo ngokommiselo kaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

[11]Bantyiloza bebonga bedumisa uNdikhoyo, besithi: “Hayi kambe ukulunga kwakhe! Izibele zakhe kuSirayeli zimi ngonaphakade.” Bonke ke abantu bahlokoma ngentswahla, bekhahlela kuNdikhoyo ngenxa yokumiswa kweziseko zendlu kaNdikhoyo.

[12] Contudo, muitos dos sacerdotes, e levitas, e chefes das famílias, já idosos, que haviam estado no templo antigo, choraram em alta voz quando viram o lançamento dos alicerces desse templo; muitos, porém, gritavam de alegria.

[13] Assim, não era possível distinguir entre o som dos brados de júbilo e o lamento dos mais velhos, porquanto o povo fazia enorme barulho. E o som de todas as vozes se ouvia de muito longe.

Esdras 4

Os samaritanos acusam os judeus ao rei Artaxerxes, e a construção do templo é proibida

[1] Assim que os inimigos de Judá e de Benjamim tomaram conhecimento que os exilados estavam reconstruindo a Casa de Yahweh, o SENHOR Deus de Israel,

[2] foram falar com Zorobabel e com os chefes de famílias e lhes propuseram: "Desejamos ajudar-vos a construir, pois como vós, buscamos também cultuar o vosso Deus e temos oferecido sacrifícios a ele desde os dias de Esar-Hadom, rei da Assíria, que nos trouxe para cá!"

[3] Contudo, Zorobabel, Jesua e os outros líderes das famílias de Israel lhes responderam: "Não convém que vós e nós trabalhemos juntos na construção deste templo a nosso Deus; nós continuaremos a edificá-lo com nossas próprias forças, exatamente como nos ordenou Ciro, o rei da Pérsia".

[4] Então os povos da região mudaram de ânimo e passaram a desencorajar os obreiros de Judá de os intimidar, atrapalhando-os na realização da obra.

[12]Ke bona abadala ababingeleli nabaLevi neenkulu zezindlu, ababeyazi indlu yantlandlolo, ababanga nakuzibamba, koko basuka bangqukruleka bakusibona simiswa isiseko sendlu kaThixo. Ke bona abanye batsho ngentswahla luvuyo.

[13]Yaba yintsholo nje engazekiyo nokuba yimikhwazo yovuyo na okanye zizikhalo. Kaloku abantu basuka batsho ngamayeyeye, ntsholo leyo yayivakala nakude.

UEzra 4

Inkcaso mayela nokwakha

[1]Ke iintshaba zikaJuda noBhenjamin zithe zakuva ukuba abo babuyileyo ekuthinjweni nâbo besakha indlu kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli,

[2]zasuka zeza kuZerubhabheli neenkulu zezindlu, zathi kubo: "Nathi sifuna ukunincedisa ekwakheni, kuba nathi kwanjengani siyamlangazelela lo Thixo wenu. Nangoku sasoloko simenzela amadini, kusukela kwixesha likakumkani waseAsiriya uEsaradon, lo wasizisa apha. "

[3]Ke uZerubhabheli noYeshuwa neenkulu zezindlu zikaSirayeli baphendula bathi: "Aninalo ilungelo lokwakhela uThixo wethu indlu. Sithi sodwa abaza kuyakha le ndlu kaNdikhoyo uThixo kaSirayeli, ngokomyalelo kakumkani uKoreshi wasePeshiya."

[4]Zasuka ke ezo ntlanga zazibangqongile zabatyhafisa abantu bakwaJuda, zabenza boyika ukuwuqhuba umsebenzi wokwakha.

[5] Subornaram alguns conselheiros para que se opusessem ao povo e frustrassem o seu plano de reconstrução. E persistiram em perturbar o desenvolvimento da obra durante todo o reinado de Ciro até o reinado de Dario, reis da Pérsia.

[5]Zathenga amagosa awazidodobalisayo izicwangciso ngalo lonke ithuba lolawulo lukaKoreshi ukumkani wasePeshiya yada yalulawulo lukaDariyo ukumkani wasePeshiya.

Inkcaso ngethuba lika-Atashasta

[6] No início do reinado de Ahashverosh, Assuero ou Xerxes, em persa, esse povo levantou uma acusação contra os habitantes de Judá e de Jerusalém.

[6]Ke kaloku ekuqaleni kolawulo luka-Asuwerosi bababeka isityholo esibhaliweyo abantu bakwaJuda nabaseJerusalem.

[7] E durante o governo de Artaxerxes, rei da Pérsia, Bislão, Mitredate, Tabeel e os seus companheiros escreveram uma missiva aos cuidados de Artaxerxes. A carta foi escrita em aramaico, com caracteres aramaicos.

[7]Ke ngemihla ka-Atashasta ukumkani wasePeshiya uBhish-lam, uMitredati, noTabheli, namahlakani abo, babhala ileta, bayithumela kuAtashasta. Le leta ke yayibhalwe ngesiAram ngokwendlela isiAram esibhalwa ngayo.

[8] O comandante Reum e o secretário Sinsai escreveram uma epístola contra Jerusalém endereçada ao rei Artaxerxes:

[8]URehum igosa eliphetheyo noShimshayi unobhala babhala ileta echasene neJerusalem, bayithumela kuAtashasta ukumkani. Bayibhala ngolu hlobo,

[9] O comandante Reum e o secretário Sinsai, e o restante de seus companheiros: os juízes e os oficiais de Tripoli, da Pérsia, de Ereque e da Babilônia, os elamitas de Susã,

[9]yaye iphuma kuRehum igosa eliphetheyo, noShimshayi unobhala, nawo onke amahlakani abo, abagwebi, abalawuli abongamele abantu, amagosa asePeshiya, e-Ereki naseBhabheli, ama-Alam aseSusa,

[10] e das outras nações que o grande e poderoso Assurbanípal, em persa, ou Osnapar em aramaico, deportou e assentou na cidade de Samaria e a Oeste do Eufrates, formalizaram a seguinte apelação:

[10]nabo bonke abantu abeziswa apho ngohloniphekileyo umhlekazi uOsnapare, abo wabafudusa wabamisa kwisixeko saseSamariya nakwezinye iindawo kwelentshona ye-Efrati.

[11] Esta é, pois, a cópia da carta que enviaram ao rei Artaxerxes: “Teus servos, os homens que vivem a Oeste do Eufrates, assim escrevem:

[11]Le ke yikopi yeleta abamthumelela yona: “Kumkani uAtashasta, “Le leta ivela kwizicaka zakho ezikwelentshona ye-Efrati.

[12] ‘Informamos o rei que os judeus que chegaram a nós da tua parte vieram a

[12]“Ukumkani simazisa ukuba laa maJuda awawathumela apha kuthi, nango

Jerusalém e estão reconstruindo aquela cidade rebelde e perversa. Estão restaurando os seus muros e fazendo reparos nos seus alicerces.

13 Agora saibei, ó rei, que se aquela cidade for reerguida e os seus muros restaurados, eles não pagarão nem tributo, nem imposto, nem quaisquer outras taxas; e assim as receitas do rei serão grandemente prejudicadas.

14 Agora, pois, considerando que comemos o sal do palácio, isto é, somos assalariados do rei e não nos convêm ver a desonra de sua majestade, estamos enviando este aviso formal ao rei,

15 a fim de que se busque no Livro das Crônicas de seus pais, e nele achará o rei e saberá que aquela cidade foi rebelde e danosa aos reis e às províncias e que nela tem ocorrido rebeliões, desde tempos antigos; motivo que levou toda a cidade à destruição.

16 Portanto, deixamos claro ao rei que, se aquela cidade se reedificar, e os muros se restaurarem, sucederá que o senhor não terá mais a posse das terras deste lado do Eufrates.

17 Então, respondeu o rei: "A Reum, o comandante, a Sinai, o escrivão, e a seus companheiros que residem em Samaria, como aos restantes que estão além do Eufrates: Saudações de paz!

eJerusalem ehlaziya esiya sixeko sidume ngovukelo nenkohlakalo. Ayazivusa iindonga zaso, nesiseko saso ayasilungisa.

13Makaqonde kakuhle ke ukumkani: ukuba esi sixeko sithe savuswa kwakhona neendonga zaso zalungiswa, ziya kunqumka iirhafu, kungekho namrhumo naluphi na uhlobo lomnikelo oluya kuhlawulwa – nto leyo ke iya kuyiqhwalelisa ingxowa yasebhotwe.

14Ngoko ke thina njengabantu abaxhomekeke kwikomkhulu elo, futhi singakunqweneli ukubona ukumkani edelekile, sithe masikuthumele le leta sikwazise, mhlekazi,

15khon' ukuze kwenziwe uphando kumaxwebhu ashiywa ngabo bakwandulelayo. Apho kwezo ngcombolo ke uya kufumanisa ukuba esi sisixeko sabavukeli, abaphembeleli-dushe kookumkani nakumaphondo; kakade yayiyindawo yodushe kwamandulo. Kwakungenxa yaloo nto ukuze sitshatyalaliswe esi sixeko.

16Ewe, siyakulumkisa, mhlekazi: ukuba sikhe sakhiwa esi sixeko, zavuswa neendonga zaso, wena uya kusala ungenanto apha kwelentshona ye-Efrati."

17Ukumkani ke waphendula wenjenje: "URehum igosa eliphetheyo, uShimshayi unobhala, nawo onke amahlakani abo ahlala eSamariya naphi na kwelentshona ye-Efrati: Bhotani! "Ke

[18] ‘A epístola que nos enviastes foi distintamente traduzida e lida na minha presença.

[19] Sob minhas ordens, buscaram e acharam nos livros que, de fato, desde a antiguidade, aquela cidade se levantou contra os reis, e nela têm acontecido rebeliões e motins.

[20] Também houve reis poderosos sobre Jerusalém, que dalém do Eufrates dominaram em todo lugar, e se lhes pagaram direitos, impostos e pedágios.

[21] Agora, pois, dai ordem a fim de que aqueles construtores parem a obra e não se edifique aquela cidade, a não ser com uma autorização expressa da minha parte.

[22] Guardai-vos, sejais zelosos no cumprimento desta ordem. Afinal, por que há de crescer o mal em prejuízo dos reis?”

[23] Assim, logo que a cópia da carta do rei Artaxerxes foi lida perante Reum e Sinsai, o escrivão, e seus companheiros, foram eles depressa a Jerusalém e forçaram os judeus de forma violenta a suspender o trabalho.

[24] Cessou, portanto, a obra da Casa de Deus, a qual estava em Jerusalém, e ficou embargada até o segundo ano do reinado de Dario, rei da Pérsia.

Esdras 5

Ageu e Zacarias exortam os judeus a continuarem a construção do templo

[1] Ora, os profetas Hagai, Ageu e Zacarias ben Ido, Zacarias filho de Ado, puseram-se a pregar aos judeus de Judá e de Jerusalém,

[18]ileta eniyibhalileyo nasithumelela yona ifundiwe yaguqulwa nam ndisiva.

[19]Ndilugunyazisile uphando, kwaza kwaphengululwa kwafumaniseka ukuba esi sixeko kwakudala sinembali yabavukeli-zikumkani – yindawo yovukelo nesiphithi-phithi.

[20]EJerusalem kwakukho ookumkani abanamandla, belawula kwelentshona ye-Efrati, irhafu neminikelo nemirhumo ihlawulwa kubo.

[21]Ngoko ke wisani umyalelo abo bantu bawuyeke loo msebenzi, ukuze eso sixeko singakhiwa de mna ndikuyalele oko.

[22]Nize nincede ke ningawuyekeleli lo mcimbi. Ningathini ukuyiyeka ihambele phambili into eza kubeka ikomkhulu emngciphekweni?”

[23]Ithe ke, isakufundwa loo leta yayivela kukumkani uAtashasta, uRehum noShimshayi unobhala namahlakani abo basuka ngoko nangoko baya kumaJuda eJerusalem, bafika bawanyanzela ngenkani ukuba awumise umsebenzi.

[24]Ngoko ke umsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo eJerusalem wema ngxi, yada yangunyaka wesibini wolawulo lukaDariyo ukumkani wasePeshiya.

UEzra 5

UTatenayi ubhalela uDariyo

[1]Ke kaloku umshumayeli uHagayi nomshumayeli uZakariyaumzukulwana kaIdo babeshumayela kwaJuda naseJerusalem

em o Nome do Deus de Israel, que estava sobre eles.

[2] Então Zorobabel, filho de Seatiel, e Jesua, filho de Jozadaque, dispuseram-se a reiniciar a construção do templo de Deus, que está em Jerusalém. E os profetas de Deus os encorajavam e cooperavam com eles em tudo.

[3] Tatenai, governador da província a Oeste do Eufrates, Shetar-Boznai e seus companheiros foram logo lhes questionar: "Quem os autorizou a reconstruir esta Casa e reerguer estes muros?

[4] E quais os nomes dos homens que estão liderando a construção deste edifício?"

[5] Mas os olhos do seu Deus estavam sobre os líderes dos judeus, e eles não foram impedidos de trabalhar até que um relatório fosse enviado a Dario e dele se recebesse uma decisão oficial a respeito do assunto.

[6] Esta, pois, é uma cópia da carta que Tatenai, governador do território denominado Eufrates-Oeste, Shetar-Boznai e seus colegas afarsaquitas, os oficiais que viviam na região do Eufrates-Oeste, enviaram ao rei Dario.

[7] E o conteúdo do relatório que lhe enviaram dizia o seguinte: "Ao rei Dariávesh, Dario, plena paz e prosperidade!

[8] Seja esclarecido ao rei que fomos à província de Judá, à Casa do grande Deus, a qual está sendo reedificada com enormes pedras, e as vigas de madeira já estão prontas para serem instaladas nas paredes. A obra está em franco progresso, executada com todo zelo e alto padrão de qualidade.

egameni likaThixo kaSirayeli ophezu kwabo.

[2]Ke uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli noYeshuwa unyana kaJozadaki baphinda bawuqhubela phambili umsebenzi wokwakha indlu kaThixo eJerusalem. Babekunye nabashumayeli bakaThixo bebancedisa.

[3]Ngelo thuba ke uTatenayi umlawuli kwelentshona ye-Efrati, kunye noSheta-bhozenayi namahlakani abo, baya kubo, babuza bathi: "Nigunyaziswe ngubani ukuba niyakhe le ndlu, nisivuse esi sakhiwo?"

[4]Baqhuba bathi: "Khona ngoobani amagama abakhi bale ndlu?"

[5]Kambe ke iliso likaThixo wawo lawalusa loo madoda makhulu akwaJuda, awade amiswe, kwada kwakhutshwa ingxelo yasiwa kuDariyo, waza ke waphendula.

[6]Nantsi ikopi yeleta kaDariyo awayibhalelwa nguTatenayi umlawuli welentshona ye-Efrati, noSheta-bhozenayi namahlakani abo namagosa elentshona ye-Efrati.

[7]Ingxelo leyo bayikhuphayo yayisithi: "Kumkani uDariyo, "Makube hele kube chosi kuwe!

[8]"Siyakwazisa, kumkani, ukuba sikhe satyelela isithili sakwaJuda nendlu yoThixo omkhulu. Phaya ke sifike abantu beyakha ngamatye amakhulu, bemisa namaplanga ezindongeni zayo. Umsebenzi lowo ke wenziwa ngengqiqo, waye uhambela phambili phantsi kwesikhokelo sabo.

[9] Diante de tudo o que vimos, indagamos aos chefes da obra: “Quem vos deu ordem para construir esta Casa e reparar estes muros?

[10] E também procuramos saber os nomes deles para tua informação. E assim anotamos para ti os nomes dos líderes deles.

[11] E esta é a resposta que nos deram: “Nós somos servos do Deus dos céus e da terra e estamos empenhados na reconstrução da Casa que há muitos anos fora construída, a qual um grande rei de Israel edificou e a concluiu.

[12] Todavia, depois que nossos antepassados provocaram o Deus dos céus até irritá-lo, ele os entregou nas mãos do caldeu Nabucodonosor, rei da Babilônia, que assim pôde destruir esta Casa e levou o nosso povo, cativo, para a Babilônia.

[13] Entretanto, no seu primeiro ano como rei da Babilônia, o rei Ciro baixou um decreto ordenando a reconstrução desta Casa de Deus.

[14] Ele, pessoalmente, tirou do templo da Babilônia os utensílios de ouro e de prata originários da Casa de Deus, que Nabucodonosor havia tomado do templo que estava em Jerusalém e depositado no templo da Babilônia. E o rei Ciro os confiou a um homem chamado Sheshbatsar, Sesbazar, que ele havia nomeado governador,

[15] e lhe recomendou: ‘Leva estes objetos, coloca-os no templo de Jerusalém e reconstrói a Casa de Deus sobre o seu antigo terreno!’

[9]“Sikhe sawancwina ngemibuzo amadoda amakhulu, sisithi: ‘Nigunyaziswe ngubani ukuba niyakhe le ndlu, nisivuse esi sakhiwo?’

[10]Kananjalo siwabuzile namagama awo, khon' ukuze siwabhale aweenkokheli zawo, sikwazise ngawo.

[11]“Aphendula ngolu hlobo ke, athi: “ ‘Thina sizizicaka zikaThixo wezulu nehlabathi. Ngoku ke sivusa indlu eyayakhiwe kwiminyaka yamandulo – yayakhiwe yagqitywa yingangalala yokumkani wakwaSirayeli.

[12]Kambe ke oobawo bamcaphukisa uThixo wezulu, waza wabanikela kuNebhukadenezare umKaledi, ukumkani waseBhabheli. Nguye ke owayidilizayo le ndlu, waza wabathimba abantu, wabasa eBhabheli.

[13]“ ‘Kwathi ke kunyaka wokuqala kaKoreshi ukumkani waseBhabheli, ukumkani uKoreshi lowo wawisa umyalelo wokuba mayakhiwe le ndlu kaThixo.

[14]Kwindlu yothixo waseBhabheli wazikhupha izitya ezenziwe ngegolide nezesiliva eyayizezendlu kaThixo, zaza zathathwa nguNebhukadenezare endlwini kaThixo eJerusalem, waya nazo kwindlu yothixo wakhe eBhabheli. “ ‘Ke ukumkani uKoreshi lowo wazinikezela kumfo ogama linguSheshbhazare, awayemmisele ukuba abe ngumlawuli,

[15]waza wamyalela wathi: “Thatha ezi zitya, uzise endlwini kaThixo eJerusalem, uze uyakhe indlu kaThixo leyo esizeni sayo.”

[16] Então Sesbazar veio e lançou os alicerces da Casa de Deus, a qual está em Jerusalém; e, desde aquele dia até hoje, se está edificando aquele edifício, mas ainda não está concluído.

[17] Portanto, se for do agrado do rei, que se faça uma busca nos arquivos reais da Babilônia para ver se é verdade que o rei Ciro publicou um decreto ordenando que se reconstruísse esse templo de Deus em Jerusalém, estamos à sua disposição e aguardamos a decisão do rei sobre o assunto".

[16]Ngokunjalo ke uSheshbhazare lowo waza wafika wasimisa isiseko sendlu kaThixo apho eJerusalem. Ukusukela kuloo mini ke, kude kube namhlanje, yakhiwa okokoko, kodwa ayikagqitywa.

[17]" 'Ngoko ke, ukuba kukholekile kukumkani, makhe kwenziwe uphando kumaxwebhu eembali zekomkhulu laseBhabheli, ukuze kucace ukuba ukumkani uKoreshi ngenene wayewise umyalelo na wokuba mayivuswe indlu kaThixo eJerusalem. Kamva ke, mhlekazi, wosithumelela isigqibo sakho ngalo mbandela.' "

Esdras 6

O rei Dario confirma a ordem de edificar o templo

[1] Então, o rei Dario mandou que se fizesse uma profunda investigação nos arquivos da Babilônia, que estavam protegidos nos mesmos locais em que se guardavam os tesouros.

[2] Entretanto, na cidadela de Ecbatana, na província da Média, foi encontrado em um pote, o rolo no qual estava escrito o seguinte documento:

[3] "No primeiro ano do seu reinado, o rei Ciro promulgou um decreto com respeito à Casa de Deus em Jerusalém nestes termos: 'Que o templo seja edificado para ser um lugar em que se ofereçam sacrifícios; seus fundamentos serão firmes, a sua altura, de vinte e sete metros, e a sua largura, também de vinte e sete metros,

[4] com três carreiras de pedras grandes e uma carreira de madeira. O custo será pago pela tesouraria do rei.

UEzra 6

Umyalelo kaDariyo

[1]Ngoko ke ukumkani wayalela ukuba kwenziwe uphando kumaxwebhu eembali awayegcinwe koovimba baseBhabheli.

[2]Ke kaloku kwafumaneka umqulu komkhulu eAmeta kwiphondo lamaMedi. Kuwo ke kwakubhalwe kwathiwa: "Isikhumbuzo:

[3]"Kunyaka wokuqala kakumkani uKoreshi, ukumkani wawisa umyalelo mayela nendlu kaThixo eJerusalem, esithi: " 'Indlu kaThixo mayivuswe, ukuze kuyo kunikelwe amadini. Iziseko zayo mazakhiwe. Mayibe ziimitha ezimashumi mabini anesixhenxe ukuphakama, neemitha ezimashumi mabini anesixhenxe ububanzi.

[4]Mayibe nemiqolo emithathu yamatye amakhulu kunye nomqolo omnye

wamaplanga. Iindleko zokuyakha ziza kuphuma koovimba bakomkhulu.

[5] Além disso, todos os utensílios de ouro e de prata pertencentes à Casa de Deus, que Nabucodonosor tomou do templo que estava em Jerusalém e transportou para a Babilônia, serão devolvidos para o templo que está em Jerusalém. Cada objeto para o seu devido lugar; serão todos recolocados na Casa de Deus.

[5]Izitya zegolide nezesiliva zendlu kaThixo leyo ezazithathwe ngukumkani uNebhukadenezare apho kuloo ndlu eJerusalem, weza nazo eBhabheli, mazibuyiselwe endaweni yazo kuloo ndlu iseJerusalem; maziye kubekwa endlwini kaThixo.

[6] Agora, pois, Tatenai, governador dalém do Eufrates, Shetar-Boznai e seus colegas, os afarsaquitas, que vivem na província do Eufrates-Oeste, retirai-vos para longe dali.

[6]“ ‘Ngoko ke, wena Tatenayi, mlawuli wakwelentshona ye-Efrati, nawe Sheta-bhozenayi namahlakani enu, magosa elo phondo, rhoxani.

[7] De modo algum interrompais a obra desta Casa de Deus, para que o governador dos judeus, os seus anciãos e líderes possam livremente reedificar a Casa de Deus sobre o seu antigo terreno.

[7]Musani ukuphazamisana nomsebenzi wokwakhiwa kwale ndlu kaThixo. Umlawuli wamaJuda namadoda amakhulu akwaJuda mabayakhe kwasesizeni sayo indlu kaThixo leyo.

[8] De igual forma, por mim se decreta o que haveis de fazer a estes líderes dos judeus, a fim de que reconstruam este templo, a saber, que da tesouraria real, isto é, dos tributos provenientes da província do Eufrates-Oeste, se pague pontualmente toda a despesa destes homens, para que não haja qualquer paralisação no bom desenvolvimento da obra.

[8]Ngaphezu koko ke ndiwisa umyalelo wokuba loo madoda makhulu akwaJuda akha indlu kaThixo niwenzele ezi zinto: “ ‘Inkcitho yala madoda ekwakheni mayihlawulwe ngokupheleleyo, ithathwe koovimba bakomkhulu, kwiingxowa zerhafu yalapho kwelentshona ye-Efrati, ukuze ungemi umsebenzi.

[9] E mais, entregai aos sacerdotes de Jerusalém todos os dias, sem falta, tudo o que eles disserem que precisam: novilhos, carneiros e cordeiros para holocaustos oferecidos ao Deus do céu, bem como trigo, sal, vinho e azeite.

[9]Nantoni na efunekayo – iinkunzana zeenkomo, iinkunzi zeegusha, amaxhwane angamaduna okwenzela uThixo wezulu amadini atshiswayo, ngokunjalo nengqolowa, ityuwa, iwayini, namafutha omnquma, ngokwesicelo sababingeleli apho eJerusalem – zonke ezi zinto mabazinikwe yonke imihla kungaphazanywa,

[10] Tudo isso será feito para que assim eles tenham plena condição de oferecer sacrifícios completamente queimados e agradáveis ao Deus do céu e possam orar pedindo as suas bênçãos sobre a minha pessoa e pela vida dos meus filhos.

[10]khon' ukuze babe nako ukumenzela amadini amkholisayo uThixo wezulu, bathandazele intlala-kahle kakumkani noonyana bakhe.

[11] Se alguma pessoa desobedecer ou alterar este decreto, que se arranque uma viga de sua própria casa e tal transgressor seja empalado nela. E seja a sua casa transformada em um monte de escombros.

[11]Kananjalo ke ndiwisa umyalelo wokuba nabani na owujikayo lo mthetho, ze kuncothulwe umqadi endlwini yakhe, axhonywe abethelelwe kuwo, ke yona indlu yakhe yenziwe indawo yangasese ngenxa yelo tyala.

[12] E que Deus, que fez o seu Nome ali habitar, aniquile qualquer rei ou povo que estender a mão para mudar estas determinações ou para destruir esta Casa de Deus em Jerusalém.

[12]Ke kaloku uThixo owamisa igama lakhe khona apho, ngamana wamkhiqa nawuphi na ukumkani naye nabani na ozama ukujika lo mthetho okanye ofuna ukutshabalalisa le ndlu kaThixo iseJerusalem. “ ‘Ndim mna Dariyo owisa lo myalelo. Ngoko ke mawufezekiswe ngentumekelelo.’ ”

Acaba-se o templo e é consagrado

[13] Havendo recebido o decreto do rei, Tatenai, o governador do território a Oeste do Eufrates, Shetar-Boznai e os seus colegas o cumpriram integralmente.

Ukugqitywa nokuvulwa kwendlu kaThixo

[13]Ngoko ke ngenxa yaloo myalelo kakumkani uDariyo, uTatenayi umlawuli wakwelentshona ye-Efrati noSheta-bhozenayi kunye namahlakani abo bawufezekisa ngenyameko loo mthetho.

[14] Dessa maneira, os líderes dos judeus continuaram a construir e a prosperar, encorajados pela pregação dos profetas Ageu e Zacarias, descendentes de Ado. Eles concluíram a reedificação da Casa, de acordo com as orientações do Deus de Israel e os decretos de Ciro, Dario e Artaxerxes, reis da Pérsia.

[14]Ke amadoda amakhulu amaJuda aqhubela phambili ekwakheni, aba nenkqubela ephenjelelwa ziintshumayelo zomshumayeli uHagayi noZakariya umzukulwana kaIdo. Bagqiba ke ukuyakha indlu leyo, ngokomyalelo kaThixo kaSirayeli ndawonye nemiyalelo kaKoreshi, uDariyo noAtashasta ookumkani basePeshiya.

[15] E o templo foi terminado no terceiro dia do mês de Adar, isto é, entre fevereiro e março, no sexto ano do reinado do rei Dario.

[15]Ke indlu kaThixo yagqitywa ngomhla wesithathu kwinyanga uAdare, ngonyaka wesithandathu wolawulo lukakumkani uDariyo.

[16] E os israelitas, entre eles os sacerdotes e os levitas, e o restante dos exilados celebraram com júbilo a dedicação desta Casa de Deus.

[17] Para a dedicação do templo de Deus ofereceram cem touros, duzentos carneiros, quatrocentos cordeiros e, com oferta pelos erros e pecados de todo o Israel, doze bodes expiatórios, de acordo com o número das tribos de Israel.

[18] E organizaram os sacerdotes nas suas divisões e os levitas nos seus devidos grupos para o serviço religioso prestado a Deus em Jerusalém, tudo segundo o que está prescrito no Livro de Moisés.

[19] No décimo quarto dia do primeiro mês, os exilados celebraram o Pêssah, o sacrifício da Páscoa.

[20] Os sacerdotes e os levitas haviam passado pelo processo de purificação e, por isso, se encontravam cerimonialmente puros. Os levitas sacrificaram o cordeiro da Páscoa por todos os seus companheiros sacerdotes e por eles mesmos.

[21] Assim os israelitas que haviam retornado do cativeiro puderam se alimentar do cordeiro junto com todos os que com eles se desligaram das práticas impuras e pagãs dos povos à sua volta e decidiram buscar a Yahweh, o Deus de Israel.

[22] E celebraram com grande alegria durante sete dias a festa de Matsót, Ázimos, dos pães sem fermento, porquanto Yahweh os fez transbordar de felicidade ao mudar a

[16]Ke amaSirayeli, ababingeleli, abaLevi, nabo bonke ababuyileyo ekuthinjweni, benza itheko lokubhiyozela ukuvulwa kwendlu kaThixo, bonwabile.

[17]Ekuvulweni kwendlu kaThixo banikela ngekhulu leenkunzi zeenkomo, amakhulu amabini eenkunzi zeegusha, amaxhwane angamaduna angamakhulu amane, ngokunjalo neshumi elinambini leebhokhwe ezingamaduna zedini lesono ngenxa kaSirayeli ephela – ibhokhwe enye kwindlu nganye kaSirayeli.

[18]Bamisela ababingeleli ngokwezindlu zabo, nabaLevi ngokwamaqela abo, ukuze benze umsebenzi kaThixo eJerusalem, ngokomyalelo obhalwe kwincwadi kaMosis.

IPasika

[19]Ke kaloku ngomhla weshumi elinesine kwinyanga yokuqala abathinjwa ababuyileyo bayibhiyozela iPasika.

[20]Ababingeleli kunye nabaLevi babezihlambulule befanelekile. AbaLevi babaxhelela ixhwane lePasika bonke abathinjwa ababuyileyo; ngokunjalo namawabo ababingeleli, nabo ngokwabo bazixhelela.

[21]Ngoko ke onke amaSirayeli abuyileyo alitya, ndawonye nabo bonke ababezahlule kwimikhwa engcolileyo yeentlanga ababemelene nazo, ukuze bafune uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

[22]Yaba ziintsuku ezisixhenxe belibhiyozela ngemihlali iTheko leSonka esingaNyuswanga. Kaloku uNdikhoyo wayebathe jize ngovuyo ngokuguqula

vontade do rei da Assíria, levando-o a decidir a favor deles e dar-lhes ânimo para concluírem a obra de reconstrução da Casa de Deus, o Deus de Israel.

iimbono zokumkani waseAsiriya, ukuze abancedise kumsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo, uThixo kaSirayeli.

Esdras 7

Artaxerxes envia Esdras a Jerusalém para proclamar o edito em favor dos judeus

[1] Passados estes acontecimentos, na época do reinado de Artaxerxes, rei da Pérsia, viveu um homem chamado Ezrá ben Seraía, Esdras, filho de Seraías, filho de Azarias, filho de Hilquias,

[2] filho de Salum, filho de Zadoque, filho de Aitube,

[3] filho de Amarias, filho de Azarias, filho de Meraiote,

[4] filho de Zeraías, filho de Uzi, filho de Buqui,

[5] filho de Abisua, filho de Fineias, filho de Eleazar, filho do sumo sacerdote Arão.

[6] Este Esdras veio da Babilônia. Ele era escriba, isto é, mestre, e conhecia muito bem toda a Torá, Lei de Moisés, dada por Yahweh, o SENHOR Deus de Israel. Ele foi falar com o rei Artaxerxes, e este foi benevolente, dando-lhe tudo quanto solicitara, porquanto a mão do SENHOR estava sobre ele e abençoava as atitudes de Esdras.

[7] Alguns dos israelitas, entre eles sacerdotes, levitas, cantores, porteiros e servidores do templo, também foram para Jerusalém no sétimo ano do reinado de Artaxerxes.

UEzra 7

Ukufika kukaEzra eJerusalem

[1]Kamva ke, ngethuba lolawulo lukakumkani wasePeshiya uAtashasta,kwagaleleka uEzra, ephuma eBhabheli. UEzra lo wayengunyana kaSeraya, ka-Azariya, kaHilekiya,

[2]kaShalum, kaZadoki, ka-Ahitubhi,

[3]ka-Amariya, ka-Azariya, kaMerayoti,

[4]kaZeraya, kaUzi, kaBhuki,

[5]ka-Abhishuwa, kaPineyasi, kaElazare unyana wombingeleli omkhulu uAron.

[6]Ke yena uEzra lo owagalelekayo ephuma eBhabheli, wayengumchazi-mthetho ochubekileyo kwezomthetho kaMosis, mthetho lowo wakhutshwa nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli. Ke kaloku ukumkani wayemnike konke awayekufuna, kuba isandla sikaNdikhoyo, uThixo wakhe, sasiphezu kwakhe.

[7]Ngonyaka wesixhenxe wolawulo lukakumkani uAtashasta kwabakho namanye amaSirayeli abuyela eJerusalem, phakathi kwawo kukho ababingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango nezicaka zendlu kaThixo.

8 No quinto mês do sétimo ano deste reinado, chegou Esdras a Jerusalém.

9 Ele deixou a Babilônia no primeiro dia do primeiro mês e chegou a Jerusalém no primeiro dia do quinto mês, graças à boa mão do seu Deus que permanecia sobre ele.

10 Porquanto Esdras havia disposto todo o seu coração a conhecer a Torá, Lei de Yahweh, o SENHOR, a praticá-la, e a ensinar em Israel os seus decretos e mandamentos.

11 Esta é a cópia da epístola, escrita em aramaico, que o rei Artaxerxes, entregou ao sacerdote e escriba Esdras, conhecedor dos mandamentos e estatutos de Yahweh, o SENHOR, para todo o povo de Israel:

12 “Eu, Artaxerxes, rei dos reis, ao sacerdote Esdras, mestre da Torá, Lei do Deus dos Céus: ‘Paz e prosperidade!

13 Decreto, pois, que todo israelita, inclusive sacerdotes e levitas, que quiserem ir a Jerusalém, tem a minha permissão para seguir contigo.

14 Pois tu estás em missão, enviado pelo rei e por seus sete conselheiros, a fim de realizar uma investigação em Judá e em Jerusalém com respeito à Torá, Lei do teu Deus, que está nas tuas mãos.

15 Também serás portador da prata, do ouro que o rei e os seus conselheiros ofertaram generosamente ao Deus de Israel, cuja habitação está em Jerusalém,

8UEzra wafika eJerusalem kwinyanga yesihlanu, kunyaka wesixhenxe, wolawulo lukakumkani uAtashasta.

9Kolu hambo lwakhe waphuma eBhabheli ngomhla wokuqala kwinyanga yokuqala, waza wagaleleka eJerusalem ngomhla wokuqala kwinyanga yesihlanu, kuba kaloku isandla esikulunga sikaThixo wakhe sasiphezu kwakhe.

10Kaloku uEzra wayezinikezele ekufundeni nasekuthobeleni umthetho kaNdikhoyo, ezimisele ukufundisa amaSirayeli yonke imimiselo nemiqathango yawo.

Ileta kakumkani eya kuEzra

11Nantsi ke ikopi yeleta eyanikwa uEzra ngukumkani uAtashasta. UEzra lo wayengumchazi-mthetho, umfo ofundileyo ngakwimibandela yemiyalelo nemimiselo kaNdikhoyo awayinikela uSirayeli:

12“UAtashasta ukumkani wezikumkani, ubhalela umbingeleli uEzra, ongumchazi-mthetho kaThixo wezulu. “Ndiyabhotisa.

13“Ngoku ndiwisa umyalelo wokuba onke amaSirayeli alapha kulo mbuso wam, afuna ukuya nawe eJerusalem, angahamba ndawonye nababingeleli nabaLevi.

14Wena uthunywa ngukumkani ndawonye nabacebisi bakhe abasixhenxe, ukuba uye kuqonda ngoJuda neJerusalem malunga nomthetho kaThixo wakho, lowo uwuphethe ngesandla.

15Ngaphezu koko ke thatha isiliva negolide engumnikelo wokuqhutywa yintliziyo kakumkani nabacebisi bakhe, abawunika uThixo kaSirayeli ondlu yakhe iseJerusalem.

[16] além de toda a prata e o ouro que receberes em toda a província da Babilônia e também as contribuições que o povo e os sacerdotes derem voluntariamente para o templo do seu Deus em Jerusalém.

[16]Uze uthathe nayo yonke isiliva negolide ongayifumanayo kweli phondo laseBhabheli, ndawonye neminikelo yabantu nababingeleli yokuqhutywa yintliziyo, besenzela indlu yoThixo wabo eseJerusalem.

[17] Sendo assim, diligentemente comprarás com esse dinheiro novilhos, carneiros e cordeiros, e as suas ofertas de manjares, e as suas libações, e as oferecerás sobre o altar da Casa de teu Deus, a qual estabeleceu-se em Jerusalém.

[17]Ngale mali ke uze ungaphazami ukuthenga iinkunzi zeenkomo, iinkunzi zeegusha, namaxhwane angamaduna, kananjalo ufune nezinto zeminikelo yeenkozo naleyo ithululwayo, wenze ngazo amadini eqongeni lendlu yoThixo wakho eJerusalem.

[18] Também o que a ti e a teus irmãos bem parecer fazerdes do resto da prata e do ouro, faze-o, de acordo com a vontade do vosso Deus.

[18]“Ngeseleyo ke isiliva negolide, ungadibana namawenu amaJuda nenze loo nto niyibona ifanelekile ngokwentando yoThixo wenu.

[19] E os utensílios que foram entregues para o serviço religioso no templo de teu Deus, restitui-os perante o Deus de Jerusalém.

[19]Zonke izinto ozinikelweyo zonqulo kwindlu yoThixo wakho uze uzinikezele kuThixo waseJerusalem.

[20] E tudo mais que for necessário para a Casa de teu Deus, que te convenha dar, assim procede por conta do tesouro do rei.

[20]Nantoni na eyenye efunekayo kwindlu yoThixo wakho leyo kufuneka uyikhuphile yophuma koovimba bakomkhulu.

[21] Eu mesmo, o rei Artaxerxes, promulgo um edito a todos os tesoureiros da província do Eufrates-Oeste: tudo quanto vos solicitar o sacerdote Esdras, escriba da Torá, Lei do Deus dos Céus, prontamente lhe atendei,

[21]“Ke mna kumkani uAtashasta ndiwisa umyalelo wokuba yonke into efunwa ngumbingeleli uEzra, umchazi-mthetho kaThixo wezulu, ize iqwalaselwe ikhutshwe koovimba bakwelentshona ye-Efrati.

[22] até três toneladas e meia de prata, cem tonéis de trigo, dez barris de vinho, dez barris de azeite puro de oliva, e sal à vontade.

[22]Ewe, angánikwa kude kuye kuma kwisiliva ebunzima buziikhilogram ezingamawaka amathathu anamakhulu amane, nengqolowa ebunzima buziikhilogram ezilishumi lamawaka, namawaka amabini eelitha zewayini, namafutha omnquma aziilitha ezingamawaka amabini, ityuwa ke yona kangangoko ifunekayo.

[23] Tudo o que o Deus dos céus tenha prescrito, que se faça com presteza para a Casa do Deus dos Céus, a fim de que a sua ira não caia sobre o império deste rei e dos seus descendentes.

[24] Também vos notificamos que não é permitido cobrar impostos, tributos ou taxas de nenhum dos sacerdotes, levitas, cantores, porteiros, servidores do templo e de nenhum dos obreiros desta Casa de Deus.

[25] E tu, Esdras, com a sabedoria que o teu Deus te outorgou, nomeia magistrados e juízes, que julguem todo o povo que está na região a Oeste do Eufrates, a todos o que conhecem as leis do teu Deus. E ensina-as aos que sobre elas ainda não foram informados.

[26] E toda pessoa que não obedecer à Torá, Lei do teu Deus e à lei do rei, que seja castigado com a morte, ou mediante o exílio, ou o confisco dos bens, ou com a prisão!"

[27] Bendito seja o Eterno SENHOR Deus de nossos pais, que colocou no coração do rei o desejo de honrar deste modo a Casa de Yahweh, o SENHOR, em Jerusalém,

[28] e que, por sua misericórdia, favoreceu-me diante do rei seus conselheiros e todos os seus altos oficiais. Assim, fui grandemente encorajado, segundo a boa mão do SENHOR, meu Deus, sobre mim, e reuni alguns chefes de Israel que se dispuseram a subir comigo.

Esdras 8

A lista dos que voltaram de Babilônia com Esdras

[23]Nantoni na emiselwe indlu yakhe nguThixo wezulu mayiqwalaselwe ayenzelwe. Ngani ukuba umbuso kakumkani noonyana bakhe uyekelwe ngengqumbo?

[24]Kananjalo uze uqonde ukuba akunagunya lakubiza rhafu, mnikelo, namrhumo, kubabingeleli, abaLevi, iimvumi, abalindi-masango, nezicaka zendlu kaThixo, okanye nomnye umntu osebenza apho endlwini kaThixo.

[25]"Ke wena, Ezra, ngokobulumko onabo obuphiwe nguThixo wakho, misela oomantyi nabagwebi ukuze bajonge ucwangco kubo bonke abantu abalapho kwelentshona ye-Efrati – bonke abawaziyo umthetho woThixo wakho. Bonke ke abangawaziyo uze ubafundise.

[26]Wonke umntu ongawuthobeliyo umthetho woThixo wakho, makohlwaywe ngokubulawa, ukugxothwa, ukuhluthwa izinto anazo, okanye ke avalelwe entolongweni."

[27]Makadunyiswe uNdikhoyo uThixo woobawo, yena wenza ukumkani wayihlonela ngale ndlela indlu kaNdikhoyo eJerusalem,

[28]nothe wandenza ndamkeleka kukumkani nabacebisi bakhe, nawo onke amaphakathi akhe aphambili. Ngenxa yokuba ke sasiphezu kwam isandla sikaNdikhoyo uThixo wam, ndatsho ndomelela ndaqokelela amadoda aphambili kwaSirayeli, sahamba kunye.

UEzra 8

Ababuye kunye noEzra ekuthinjweni

[1] São estes os cabeças de famílias, com suas genealogias, os líderes que subiram em minha companhia da Babilônia e retornaram para Jerusalém, no reinado de Artaxerxes:

[2] dos filhos de Fineias, Gérson; dos filhos de Itamar, Daniel; dos filhos de Davi, Hatus;

[3] dos filhos de Secanias, dos filhos de Parós, Zacarias, sendo registrados com ele cento e cinquenta homens;

[4] dos filhos de Paate-Moabe, Elioenai, filho de Zeraías, e com ele duzentos homens;

[5] dos filhos de Zatu, Secanias, filho de Jaaziel, e com ele trezentos homens;

[6] dos filhos de Adim, Ebede, filho de Jônatas, e com ele cinquenta homens;

[7] dos filhos de Elão, Jesaías, filho de Atalias;

[8] dos filhos de Sefatias, Zebadias, filho de Micael, e com ele oitenta homens;

[9] dos filhos de Joabe, Obadias, filho de Jeiel, e com ele duzentos e dezoito homens;

[10] dos filhos de Bani, Selomite, filho de Josifias, e com ele cento e sessenta homens;

[11] dos filhos de Bebai, Zacarias, filho de Bebai e com ele vinte e oito homens;

[1]Nazi iinkulu zezindlu ezabuya kunye nam, zikunye namawazo awayebhaliswe nazo, zivela eBhabheli ngemihla kakumkani uAtashasta:

[2]Kwinzala kaPineyasi nguGershom, kwinzala kaItamare nguDaniyeli, kwinzala kaDavide nguHatushe

[3]kaShekaniya; kwinzala kaParoshe nguZakariya owayenamawabo angamadoda alikhulu elinamashumi amahlanu abhalisiweyo;

[4]kwinzala kaPahati-mowabhi nguEliyehunayi, unyana kaZeraya, owayenamawabo angamadoda angamakhulu amabini;

[5]kwinzala kaZatu nguShekaniya, unyana kaYaziyeli, owayenamawabo angamadoda angamakhulu amathathu;

[6]kwinzala ka-Adin nguEbhedi, unyana kaJonatan, owayenamawabo angamadoda angamashumi amahlanu;

[7]kwinzala kaElam nguYeshaya, unyana ka-Ataliya, owayenamawabo angamadoda angamashumi asixhenxe;

[8]kwinzala kaShefatiya nguZebhadiya, unyana kaMikayeli, owayenamawabo angamadoda angamashumi asibhozo;

[9]kwinzala kaJowabhi nguObhadiya, unyana kaYehiyeli, owayenamawabo angamadoda angamakhulu amabini aneshumi elinesibhozo;

[10]kwinzala kaBhani nguShelomiti, unyana kaYosifiya, owayenamawabo angamadoda alikhulu elinamashumi amathandathu;

[11]kwinzala kaBhebhayi nguZakariya, unyana kaBhebhayi, owayenamawabo

[12] dos filhos de Azgade, Joanã, filho de Hacatã, e com ele cento e dez homens;

[13] dos filhos de Adonicão, os últimos que chegaram, Elifelete, Jeiel e Semaías, e com eles sessenta homens;

[14] dos filhos de Bigvai, Utai e Zabude, e com eles setenta homens.

[15] Eu os reuni próximo do riacho que corre para Aava e acampamos ali por três dias. Assim que passei em revista todo o povo que havia chegado e os sacerdotes, não encontrei nenhum levita.

[16] Por esse motivo convoquei Eliézer, Ariel, Semaías, Elnatã, Jaribe, Elnatã, Natã, Zacarias e Mesulão que eram chefes de famílias, e Joiaribe e Natã, que eram professores,

[17] e os enviei em missão a Ado, o líder de Casifia. Eu lhes expliquei o que deveriam transmitir a Ado e a seus parentes, os obreiros do templo, em Casifia, a fim de que trouxessem servidores para a Casa do nosso Deus.

[18] E, devido ao fato de estarmos sob a boa mão de Deus, eles nos trouxeram Serebias, homem sábio e capaz dentre os descendentes de Mali, filho de Levi, neto de Israel, e os filhos e irmãos de Serebias, dezoito homens;

angamadoda angamashumi amabini anesibhozo;

[12]kwinzala ka-Azegadi nguYohanan, unyana kaHakatan, owayenamawabo angamadoda alikhulu elineshumi;

[13]kwinzala ka-Adonikam nguElifelete noJeweli noShemaya ababengabokugqibela ukufika, benamawabo angamadoda angamashumi amathandathu;

[14]kwinzala kaBhigwayi ngu-Utayi noZabhudi kunye namawabo angamadoda angamashumi asixhenxe.

Ukubuyela eJerusalem

[15]Ke kaloku ndabahlanganisa kumlambo oya eAhava, saza ke saxhwarha khona iintsuku zantathu. Ndithe ke ndakuqwalasela phakathi kwabantu nababingeleli ndafumanisa ukuba akukho baLevi.

[16]Ngoko ke ndabiza uEliyezere, uAriyeli, uShemayiya, uElinatan, uYaribhi, uElinatan, uNatan, uZakariya, noMeshulam, amadoda awayeziinkokheli, noYoyaribhi noElinatan, amadoda anolwazi.

[17]Ndawathuma kuIdo, inkokheli yaseKasifiya. Ndabaxelela into emaze bayithethe eKasifiya kuIdo noogxa bakhe, izicaka zendlu kaThixo, ukuze basinike abalungiseleli bendlu kaThixo wethu.

[18]Ngenxa yesandla esikulunga sikaThixo esasiphezu kwethu basinika uSherebhiya umfo othumakalayo, oyinzala kaMali unyana kaLevi, unyana kaSirayeli, kunye noonyana bakaSherebhiya, nabantakwabo, ishumi elinesibhozo lamadoda,

[19] e também Hasabias, seguido de Jesaías, dentre os descendentes de Merari, e seus irmãos e filhos, vinte homens.

[20] Vieram também duzentos e vinte servidores do templo, os quais eram descendentes daqueles que o rei Davi e os seus oficiais haviam escolhido para cooperar com os levitas. E fizeram uma lista com os nomes de todos eles.

[21] Então, ali perto do riacho Aava, dei ordem para que houvesse um dia dedicado ao jejum. Todos nós deveríamos nos ajoelhar em sinal de humilhação e orarmos, suplicando a Deus que nos dirigisse nossa viagem, nos protegesse juntamente com nossos filhos e os bens que levávamos.

[22] Fiquei sem jeito de pedir ao rei que nos concedesse uma escolta armada com cavaleiros para assegurar-nos uma viagem protegida contra os ataques de inimigos e salteadores na estrada; afinal, tínhamos testemunhado: “A boa mão de nosso Deus está sobre todos os que o buscam, mas o seu poder e a sua ira são contra todos os que o abandonam!”

[23] Sendo assim, jejuamos e rogamos essa bênção ao nosso Deus; e ele bondosamente atendeu às nossas orações.

[24] Então separei doze dos principais sacerdotes: Serebias e Hasabias, e com eles dez dos seus irmãos;

[25] e pesei diante deles a prata, o ouro e os utensílios que o rei, os seus conselheiros, os seus príncipes e todo o povo de Israel que estava ali haviam oferecido para a Casa do nosso Deus.

[19]kunye noHashabhiya, noYeshaya inzala kaMerari, nabantakwabo noonyana babo, amashumi amabini amadoda.

[20]Beza kunye namakhulu amabini namashumi amabini ezicaka zendlu kaThixo, bephuma kwiqela elalimiselwe nguDavide namaphakathi ukuze lincedise abaLevi. Bonke babhaliswa ngamagama.

[21]Khona apho ngakumlambo waseAhava ndamisela uzilo, ukuze sizithobe phambi koThixo wethu, simcele asithi jize ngohambo olukhuselekileyo, thina neentsapho zethu nako konke esinako.

[22]Kambe ke ndaba neentloni ukucela ukuba ukumkani asinike amajoni nabakhweli-mahashe ukuze asikhusele ezintshabeni zendlela; kaloku apho kukumkani sasithe: “Isandla esikulunga sikaThixo wethu siphezu kwabo bonke abakhangela kuye ukuze balungelwe; ke wona amandla akhe nengqumbo yakhe iyabachasa bonke abo bamlahlayo.”

[23]Ngoko ke sazila sakhunga kuThixo wethu ngalo mbandela, waza wawuphendula umthandazo wethu.

[24]Ndamisela ababingeleli abaphambili abalishumi elinambini, inguSherebhiya noHashabhiya neshumi kubantakwabo.

[25]Ndabalinganisela umnikelo wesiliva negolide nezo zinto zazinikelwe ngukumkani, abacebisi bakhe, amaphakathi akhe, naye wonke umSirayeli owayekhona, benikelela indlu kaThixo wethu.

[26] Em seguida, pesei e entreguei nas mãos deles vinte e dois mil e setecentos e cinquenta quilos de prata, três toneladas e meia de utensílios de prata, três toneladas e meia de ouro,

[27] vinte tigelas de ouro pesando oito quilos e meio, e dois utensílios finos de bronze polido, tão valiosos como se fossem de ouro.

[28] Então eu lhes disse: Vós sois santos, isto é, separados para servir a Yahweh, o SENHOR, como são consagrados também estes vasos e objetos; da mesma maneira que toda esta prata e este ouro são ofertas voluntárias dedicadas ao Eterno, o Deus de vossos antepassados.

[29] Vigiai e guardai-os até que os peseis na presença dos sacerdotes principais e dos levitas, e dos chefes das famílias de Israel em Jerusalém, nas salas do templo de Yahweh, o SENHOR.

[30] Então, receberam os sacerdotes e os levitas o peso da prata, do ouro e dos objetos, para trazerem tudo a Jerusalém, à Casa de nosso Deus.

[31] No dia doze do primeiro mês, deixamos o rio de Aava e partimos para Jerusalém: a mão do nosso Deus estava sobre nós, e na estrada protegeu-nos dos ataques dos inimigos e dos salteadores.

[32] Chegamos à Jerusalém e lá descansamos três dias.

[33] No quarto dia, a prata, o ouro e os utensílios foram pesados na Casa do nosso Deus e entregues nas mãos do sacerdote Meremot ben Uriá, Meremote filho de Urias,

[26]Nanku ke umlinganiso wezinto endabanika zona: Isiliva: ama-22 eetoni; izitya zesiliva ezili-100: ama-70 eekhilogram; igolide: ama-3 400 eekhilogram;

[27]iindebe zegolide ezingama-20: isi-8 esinesiqingatha seekhilogram; iindebe zobhedu ezi-2: zazilingana neendebe zegolide ngexabiso.

[28]Ndathi kubo: “Nina ke ningcwalisekile kuNdikhoyo; zikwanjalo nezi zitya. Isiliva negolide zinikezelwe kuNdikhoyo uThixo wooyihlo zingumnikelo wokuqhutywa yintliziyo.

[29]Ngoko ke zigcineni ngenyameko nide nizifake emlinganisweni kumagumbi endlu kaNdikhoyo eJerusalem phambi kwababingeleli abaziinkokheli nabaLevi neenkulu zezindlu zakwaSirayeli.”

[30]Ababingeleli nabaLevi ke bayamkela isiliva negolide nezitya ezingcwele ezazifakwe emlinganisweni ziza kusiwa endlwini kaThixo eJerusalem.

[31]Ke kaloku ngomhla weshumi elinambini kwinyanga yokuqala sanduluka kumlambo waseAhava, sasinga eJerusalem. Isandla sikaThixo wethu saba phezu kwethu, wasikhusela ezintshabeni zethu nakwizikrelemnqa zendlela.

[32]Saya kufika eJerusalem, saza ke saphumla iintsuku zantathu.

[33]Ke kaloku ngosuku lwesine sayilinganisa isiliva negolide nezinto ezingcwele, sazinikela kuMeremoti unyana kaUriya umbingeleli endlwini kaThixo wethu.

o sacerdote. Estavam com ele Eleazar, filho de Fineias, e os levitas Jozabade, filho de Jesua, e Noadias, filho de Binui.

[34] Tudo foi contado e pesado, e o peso de tudo foi devidamente registrado na ocasião.

[35] As pessoas que haviam retornado do Exílio, os ex-cativos, ofereceram holocaustos ao Deus de Israel: doze novilhos, por todo o povo de Israel, noventa e seis carneiros, setenta e sete cordeiros e doze bodes como oferta pelo pecado; tudo em sacrifícios completamente queimados em adoração a Yahweh, o SENHOR.

[36] Então entregaram as ordens do rei aos sátrapas, às autoridades do reino, bem como aos governadores da Transeufratênia, o território a Oeste do Eufrates; e cooperaram com o povo na obra do templo de Deus.

Esdras 9

Esdras sabe que muitos israelitas casaram com mulheres heteias e faz oração e confissão a Deus

[1] Passados todos esses acontecimentos, os príncipes e capitães do povo vieram falar comigo, dizendo: "O povo de Israel, inclusive sacerdotes e os levitas, não estão conseguindo se manter separados dos povos vizinhos e de suas práticas pagãs e abomináveis, como as dos cananeus, hititas, ferezeus, jebuseus, amonitas, moabitas, egípcios e amorreus.

UElazare unyana kaPineyasi wayekunye naye, ngokunjalo naba baLevi: uYozabhadi unyana kaYeshuwa noNowadiya unyana kaBhinuwi.

[34]Yonke ke into eyayilapho yabalwa ngamanani nangobunzima, kwaza ke kwangelo thuba kwabhalwa phantsi.

[35]Ke kaloku abathinjwa ababuyayo benzela uThixo kaSirayeli amadini atshiswayo: ishumi elinambini leenkunzi zeenkomo ngenxa kaSirayeli ephela, iinkunzi zeegusha ezimashumi alithoba anesithandathu, namashumi asixhenxe anesixhenxe amaxhwane angamaduna, kunye neshumi elinambini leebhokhwe ezingamaduna zokwenza idini lesono. Yonke loo nto ke yayiyeyokwenzela uNdikhoyo idini elitshiswayo.

[36]Bayinikezela nencwadi eyayiphuma kukumkani, bayinika iirhuluneli nabalawuli bakwelentshona ye-Efrati; ke bona babancedisa abantu, bafaka igxalaba nakumsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaThixo.

UEzra 9

Umthandazo kaEzra ngemitshato

[1]Ke kaloku emva kwezi zinto iinkokheli zeza kum, zathi: "AmaSirayeli la ndawonye nababingeleli nabaLevi abazahluli kwizizwe ezingabamelwana ngokubhekiselele kunqulo lwazo olungamasikizi olufana nolwamaKanana, amaHiti, amaPerezi, amaJebhusi, ama-Amon, amaMowabhi, amaJiputa, nama-Amori.

[2] Porquanto eles e seus filhos se casaram com as filhas desses povos e nelas depositaram semente sagrada, isto é, mesclaram a linhagem santa com a tradição pagã desses povos. E pior, nossos líderes, oficiais e magistrados foram os primeiros a cometer essa infidelidade e transgressão!”

[2]Basuke bathatha iintombi zazo zangabafazi babo noonyana babo. Olu hlanga lulodwa baluxube nezi ntlanga zibangqongileyo. Ewe, ziinkokheli namagosa kanye ezi zihamba phambili koku kunganyaniseki.”

[3] Assim que ouvi este relato, rasguei a minha túnica e o meu manto, arranquei os cabelos da cabeça e da barba e me sentei estarrecido.

[3]Ndakuyiva le nto, ndasuka ndazikrazula iimpahla endandizinxibile, ezangaphantsi nezingaphezulu, ndazixhwitha iinwele neendevu zam, ndaza ndahlala phantsi ndimatshekile.

[4] Então, se ajuntaram ao meu redor todos os que amavam e temiam a Palavra do Deus de Israel, por causa do erro abominável cometido por grande parte dos exilados que haviam retornado. Contudo, eu permaneci sentado, horrorizado e atônito, até chegar a hora do sacrifício, ao pôr-do-sol.

[4]Bonke ke abantu abalihlonelayo ilizwi likaThixo kaSirayeli baqokelelana ngakum ngenxa yoku kunganyaniseki kwabathinjwa. Ndahlala apho ndimangalisekile kwada kwalithuba lamadini asemalanga.

[5] Assim que chegou o momento do sacrifício vespertino levantei-me do meu abatimento e, com a túnica e o manto rasgados em sinal de revolta e humilhação, coloquei-me de joelhos, estendi as mãos a Yahweh, o SENHOR, meu Deus,

[5]Ngelo thuba lamadini amatshona ndaphakama kuloo ndawo yokuzithoba kwam, nezo mpahla zam zidlaka-dlaka zinjalo, ndaza ndaguqa ngamadolo, izandla ndaziphakamisela kuNdikhoyo uThixo wam,

[6] e orei: Ó meu Deus! Estou por demais aterrado, indignado e envergonhado para erguer meu rosto em tua direção, meu Deus, porquanto os nossos pecados cobrem a nossa cabeça e a nossa culpa sobe até os céus.

[6]ndathandaza ndathi: “Yhoo, Thixo wam! Ndidanile, ndineentloni, ndingenako nokubuphakamisela kuwe ubuso bam, Thixo wam. Kaloku izono zethu zisuke zayinkabankaba esiveleleyo; ubutyala bethu sebufikelele emazulwini.

[7] Desde a época dos nossos antepassados até hoje, estamos sob grande peso de culpa e, por causa das nossas iniquidades, fomos entregues, nós, os nossos reis e, inclusive, os nossos sacerdotes, nas mãos dos poderosos pagãos de outras terras e sujeitos à espada,

[7]Ukususela kwimihla yoobawo-mkhulu kude kube kalokunje sinetyala elikhulu. Ngenxa yobugwenxa bethu thina nookumkani bethu nababingeleli bethu sesaba sisisulu sekrele, ukuthinjwa, ukuhluthwa izinto zethu, nokuhlazeka

à escravidão e aos açoites, à extorsão e à ignomínia, como se pode observar nestes dias.

ezandleni zookumkani beentlanga, njengoko kusenjalo nanamhla.

[8] Agora, por breve momento, nos manifestou, mais uma vez, o poder da Graça de Yahweh, nosso Deus, para salvar um remanescente e conceder-nos um lugar seguro em teu santuário, e dessa maneira o nosso Deus ilumina os nossos olhos e nos dá um pequeno alívio em nosso cativeiro.

[8]"Kodwa ke ngoku okwalo mzuzu, wena Ndikhoyo Thixo wethu, usibabale ngokusishiyela amasalela, wasizinzisa nakule ndawo ingcwele. Ewe, Thixo wethu, usenzele umnyinyiva nebuya-mbo ekuthinjweni.

[9] Somos escravos, mas o nosso Deus não nos abandonou na escravidão. Ele tem sido bondoso para conosco diante dos reis da Pérsia: ele nos outorgou uma nova vida a fim de reconstruirmos a Casa do nosso Deus e reformarmos as ruínas do antigo templo, e nos deu muralhas de proteção em Judá e em Jerusalém.

[9]Nangona singamakhoboka, wena Thixo wethu akusilahlanga ekuthinjweni. Izikumkani zasePeshiya uzenze zanobubele kuthi. Usithe jize ngebuya-mbo lokuba sivuse indlu kaThixo wethu, siwavuse namabhodlo, waza ke wasikhusela thina bakwaJuda naseJerusalem.

[10] Agora, pois, ó nosso Deus, que diremos diante desses fatos horríveis, ocorridos devido ao nosso afastamento dos teus mandamentos?

[10]"Ngoku ke, Thixo wethu, sothini kodwa xa kunje? Kaloku sisuke sayidela imiyalelo

[11] Os quais ordenaste por intermédio dos teus servos, os profetas, afirmando: "A terra em que adentrais para tomar posse é terra contaminada pelas práticas religiosas pagãs e repugnantes dos seus povos, pelas abominações com que, na sua corrupção, influenciaram e perverteram toda essa terra, de uma extremidade à outra.

[11]owasinika ngezicaka zakho abashumayeli usithi: 'Lo mhlaba ningena nisiya kuma kuwo udyobhekile kukonakala kwabantu bawo. Ngemikhuba yabo emasikizi bawutsho waphuphuma kukungcola.

[12] Por essa razão, não dareis as vossas filhas a seus filhos, e jamais procurareis a paz e o bem desses povos; para que sejais fortes, e comais o melhor da terra, e a deixeis por herança a vossos filhos, para sempre."

[12]Ngoko ke nina ze ningazendiseli koonyana babo iintombi zenu, noonyana benu bangazithathi iintombi zabo. Naphantsi kwaziphi na iimeko ningaze niyikhuthaze intlalo nenkqubela yabo, khon' ukuze nomelele nikuxhamle ukulunga kweli lizwe,

kananjalo libe lilifa labantwana benu ngonaphakade.’

[13] Depois de tudo o que nos aconteceu por causa dos nossos erros, obra má e da nossa pesada culpa, ainda assim tu, ó nosso Deus, nos tem castigado menos do que merecemos, considerando a abominação dos nossos pecados, e ainda nos permitiste este remanescente.

[13]“Le nto isihleleyo sisiphumo sezenzo zethu ezingcolileyo, neli tyala lethu lingaka. Kodwa naxa kunjalo, wena Thixo wethu akusohlwayanga ngokwezono zethu, koko usuke wasithi jize ngala masalela.

[14] Como então poderíamos desobedecer outra vez a tua Palavra e os teus mandamentos e celebrar alianças e matrimônios com pessoas que praticam todo o tipo de paganismo? Se fizéssemos isso, tu ficarias tão irado conosco, que nos destruirias completamente e não deixarias que ninguém escapasse.

[14]Singathini ke ngoku thina ukubuya siyaphule imiyalelo yakho ngokuzibandakanya ngomtshato nabantu abamikhuba imanyumnyezi kanje? Khona, ubungathini wena ukungakhathazeki ude usitshabalalise angabikho naloo masalela asindileyo?

[15] Ó Yahweh, SENHOR Deus de Israel, tu és justo, mas em sua misericórdia nos deixaste escapar com vida, como se pode ver hoje. Nós te confessamos que somos culpados. Não temos o direito de ficar na tua presença.

[15]Ewe, wena Ndikhoyo Thixo kaSirayeli, ulunge kwaphela! Namhlanje thina sinawo amasalela. Nakuba sinobutyala sinjalo, kodwa silapha. Phofu ngenxa yeli tyala lethu akukho namnye kuthi ungemayo phambi kwakho.”

Esdras 10

Os israelitas arrependem-se e despedem suas mulheres heteias

[1] Enquanto Esdras orava, confessando e intercedendo pelo povo, prostrado diante da Casa de Deus, uma grande multidão de israelitas, homens, mulheres e crianças, reuniram-se em volta dele. Eles também choravam e se lamentavam pelo erro cometido.

[2] Então Secanias, filho de Jeiel, um dos descendentes de Elão, dirigiu-se a Esdras e lhe propôs: “Temos sido desleais para com nosso Deus quando celebramos alianças e

UEzra 10

Abafazi abaziintlanga bayagxothwa

[1]Ke kaloku ngoku athandazayo uEzra evuma izono, elila egqusha phantsi phambi kwendlu kaThixo, kwabakho isihlwele samaSirayeli esaqokelelana kuye – amadoda, abafazi, nabantwana. Babelila ngokubindeka okukhulu.

[2]Ke uShekaniya unyana kaYehiyeli oyinzala kaElam wathetha noEzra, wathi: “Ngokuthatha abafazi kwiintlanga esimelene nazo sonile kuThixo wethu.

matrimônios com mulheres estrangeiras dentre os povos pagãos da terra. Entretanto, é certo que há esperança para Israel.

Kodwa nakuba kunjalo lisekho ithemba ngoSirayeli.

3 Façamos, pois, agora mesmo uma aliança com o nosso Deus, de que mandaremos embora todas as mulheres pagãs e os seus filhos, conforme o conselho do meu senhor e dos que amam e temem diante dos mandamentos do nosso Deus. Que tudo seja feito em conformidade com o que orienta a Torá, Lei.

3Ngoku ke masenze umnqophiso noThixo wethu wokuba siza kubagxotha aba bafazi ndawonye nabantwana babo, ngokwesigqibo senkosi yam, nabo bonke abayoyikayo imithetho kaThixo wethu. Ewe, makwenzeke ngokomthetho.

4 Levanta-te! Pois a ti compete agir, contudo, estaremos ao teu lado. Coragem e mãos à obra!”

4Ngoko ke phakama; lo mcimbi usezandleni zakho. Thina siza kukuxhasa. Yomelela wenze.”

5 Assim que ouviu estas palavras de encorajamento, Esdras se ergueu e convidou os chefes dos sacerdotes e dos levitas e todo o Israel a jurar que fariam como acabava de ser declarado; e eles juraram.

5Ke kaloku waphakama uEzra, waqokelela bonke ababingeleli abaphambili nabaLevi noSirayeli ephela, wathi mabafunge ukuba baza kwenza njengoko sekuthethiwe. Basenza ke isifungo.

6 Esdras retirou-se de diante da Casa de Deus e dirigiu-se ao aposento de Joanã, filho de Eliasibe. Enquanto permaneceu ali, não comeu pão, nem mesmo bebeu água, porque chorava amargamente por causa da infidelidade dos exilados.

6Waza uEzra waphuma endlwini kaThixo, waya endlwini kaYohanan unyana kaEliyashibhi. Ngoko alapho ke wayengatyi engaseli manzi, kuba esazilele ukunganyaniseki kwabathinjwa.

7 Mais tarde, ouviu-se uma proclamação em Judá e em Jerusalém, para que todos os que retornaram do Exílio se reunissem em Jerusalém:

7Ke kaloku kwenziwa isihlokomiso kuye wonke uJuda neJerusalem, kusithiwa abathinjwa mabahlangane eJerusalem.

8 E os oficiais e líderes baixaram uma convocação geral e decidiram que todo aquele que dentro de três dias não comparecesse, perderia todos os seus bens e seria excluído sumariamente da comunidade dos que voltaram do cativeiro.

8Nabani na ongezanga kwithuba leentsuku ezintathu, kwathiwa uza kuthathelwa izinto anazo. Eso ke isisigqibo samaphakathi namadoda amakhulu; umntu onjalo ke wayeza kusikwa kwibandla labathinjwa.

9 Reuniram-se, pois, todos os homens de Judá e de Benjamim, no prazo de três dias,

9Ngezo ntsuku zintathu ke onke amadoda akwaJuda nawakwaBhenjamin aqokelelana

em Jerusalém: era o vigésimo dia do nono mês; todo o povo se encontrava na praça da Casa de Deus, temendo e tremendo por causa da decisão que seria tomada em relação ao assunto já conhecido e porque chovia muito forte.

eJerusalem. Ngomhla wamashumi amabini kwinyanga yethoba bonke abantu babesebehleli kwibala eliphambi kwendlu kaThixo, bengcangcazela ngenxa yalo mbandela nangenxa yemvula.

[10] Então o sacerdote Esdras se levantou e declarou-lhes: "Cometestes uma infidelidade muito grande, estabelecendo alianças e desposando mulheres estrangeiras e pagãs, aumentastes desta forma, ainda mais, a culpa que pesa sobre todo Israel!

[10]Umbingeleli uEzra ke waphakama wathi: "Nenze ukunganyaniseki; ityala likaSirayeli nilongezelele ngokuthatha abafazi abaziintlanga.

[11] Contudo, agora rendei graças a Yahweh, o SENHOR, o Deus de vossos pais, e executai sua santa vontade separando-vos dos povos e das práticas pagãs da terra, e das mulheres estrangeiras!"

[11]Ngoko ke, sivumeni isono senu phambi koNdikhoyo uThixo wooyihlo, nenze ukuthanda kwakhe. Zahluleni kwezi ntlanga ziningqongileyo, ngokunjalo nakwaba bafazi benu baziintlanga."

[12] A assembleia inteira passou a responder em alta voz: "Sim, nosso dever é agir de acordo com tuas ordens!

[12]Ke lonke ibandla laphendula likhwaza lisithi: "Unyanisile! Siza kuyenza le nto uyithethayo.

[13] Mas o povo é numeroso e estamos na estação das chuvas: não se consegue ficar ao relento; além disso, este assunto não se resolve, de fato, em um dia ou dois, porquanto somos muitos os que fomos rebeldes e erramos neste ponto!"

[13]Kambe ke sibaninzi gqitha apha, ibe ke ngoku lixesha lemvula; asinako ukuma apha phandle. Ngaphezu koko ke lo mbandela awunako ukugqitywa ngemini enye nezimbini, kuba ngenene sone sagqithisa kulo mbandela.

[14] Que os nossos líderes possam ter permissão para representar toda a comunidade: todos os que, em nossas cidades, desposaram mulheres estrangeiras virão aqui em datas marcadas, acompanhados dos anciãos e dos juízes da respectiva cidade, até que tenhamos afastado de nós a grande ira de nosso Deus, acesa por este motivo!"

[14]Amaphakathi ethu makamele ibandla lilonke. Kwiidolophu zethu wonke umntu othathe intombi yeentlanga makamiselwe ixesha, aze eze kunye namadoda amakhulu nabagwebi bedolophu nganye, ide le ngqumbo kaThixo wethu ngalo mbandela ibe nokususwa phezu kwethu."

[15] Somente Jônatas, filho de Asael, e Jaseias, filho de Ticvá, apoiados por Mesulão e o levita Sabetai, se manifestaram contra essa sugestão.

[15]Ke kaloku yaba nguJonatan unyana ka-Asayeli kunye noYazeya unyana kaTikwa, bexhaswa nguMeshulam noShabhetayi umLevi, abasichasayo eso sigqibo.

[16] Assim, a comunidade dos que retornaram do Exílio, decidiu agir conforme o proposto. O sacerdote Esdras escolheu chefes de família, um de cada grupo familiar, todos eles convocados por nome. E no primeiro dia do décimo mês eles se assentaram para investigar e julgar cada caso.

[16]Ngoko ke abathinjwa abo benza ngokwezo zigqibo. Umbingeleli uEzra wanyula amadoda aziinkulu zemizi, yanye kumzi ngamnye, onke ke akhankanywa ngamagama. Ngomhla wokuqala kwinyanga yeshumi bahlala phantsi, benza uphando ngalo mbandela,

[17] No primeiro dia do primeiro mês terminaram de avaliar todos os casos de casamento com mulheres estrangeiras.

[17]baza ke kumhla wokuqala wenyanga yokuqala bawufeza umcimbi wawo onke amadoda awayethathe abafazi abaziintlanga.

Amadoda awayethathe abafazi abaziintlanga

[18] Entre os descendentes dos sacerdotes revelaram-se estes que se haviam casado com mulheres estrangeiras: dos filhos de Jesua, filho de Jozadaque, e seus irmãos, Maaseias, Eliézer, Jaribe e Gedalias.

[18]Kwinzala yababingeleli naba abathathe abafazi abaziintlanga: Kwinzala kaYeshuwa kaYozadaki nabantakwabo nguMaseya noElezere noYaribhi noGedaliya.

[19] E eles apertaram as mãos em sinal de garantia de que iam despedir suas mulheres, e cada um apresentou um carneiro do rebanho como oferta por sua culpa e arrependimento.

[19]Bona bathembisa ukuba bobagxotha abafazi, baza banikela ngenkunzi yebhokhwe ngenxa yetyala labo.

[20] Dos filhos de Imer: Hanâni e Zebadias.

[20]Kwinzala kaImere nguHanani noZebhadiya.

[21] Dos filhos de Harim: Maaseias, Elias, Semaías, Jeiel e Uzias.

[21]Kwinzala kaHarim nguMaseya noEliya noShemaya noYehiyeli noUziya.

[22] E dos filhos de Pasur: Elioenai, Maaseias, Ismael, Netanel, Jozabade e Eleasa.

[22]Kwinzala kaPashure nguEliyohenayi noMaseya noIshmayeli noNataniyeli noYozabhadi noElasa.

[23] Dos levitas: Jozabade, Simei, Quelaías, também chamado de Kelitá, Petaías, Judá e Eliézer.

[23]KubaLevi nguYozabhadi noShimeyi noKelaya, lo ugama limbi linguKelita, noPetaya noJuda noElizere.

24 Dos cantores: Eliasibe. Dos porteiros: Salum, Telem e Uri.

25 E dos demais israelitas, dos descendentes de Parós: Ramias, Jezias, Malquias, Miamim, Eleazar, Hasabias e Benaia.

26 Dos filhos de Elão: Matanias, Zacarias, Jeiel, Abdi, Jerimote e Elias.

27 Dos filhos de Zatu: Elioenai, Eliasibe, Matanias, Jerimote, Zabade e Aziza.

28 Dos filhos de Bebai: Jeoanã, Hananias, Zabai e Atlai.

29 Dos filhos de Bani: Mesulão, Maluque, Adaías, Jasube, Seal e Jerimote.

30 Dos filhos de Paate-Moabe: Adná, Quelal, Benaia, Maaseias, Matanias, Bezaleel, Binui e Manassés.

31 Dos filhos de Harim: Eliézer, Issias, Malaquias, Semaías, Simeão,

32 Benjamim, Maluque e Semarias.

33 Dos filhos de Hasum: Matenai, Matatá, Zabade, Elifelete, Jeremai, Manassés e Simei.

34 Dos filhos de Bani: Maadai, Anrão e Uel.

35 Benaia, Bedias, Queluí,

36 Vanias, Meremote, Eliasibe,

37 Matanias, Matenai e Jaasai.

38 Dos filhos de Binui: Simei,

39 Selemias, Natã, Adaías,

40 Macnadbai, Sasai, Sarai,

41 Azareel, Selemias, Semarias,

42 Salum, Amarias e José.

24 Kwiimvumi nguEliyashibhi. Kubagcini-masango nguShalum noTelem noUri.

25 Kwamanye amaSirayeli ngâba: Kwinzala kaParoshe nguRamiya, noIziya noMalekiya noMiyamin noElazare noMalekiya noBhenaya.

26 Kwinzala kaElam nguMataniya noZakariya noYehiyeli noAbhedi noJeremoti noEliya.

27 Kwinzala kaZatu nguEliyohenayi noEliyashibhi noMataniya noJeremoti noZabhadi noAziza.

28 Kwinzala kaBhebhayi nguYohanan noHananiya noZabhayi noAtelayi.

29 Kwinzala kaBhani nguMeshulam noMaluki noAdaya noYashubhi noSheyali noJeremoti.

30 Kwinzala kaPahati-mowabhi nguAdena noKelali noBhenaya noMaseya noMataniya noBhezaleli noBhinuwi noManase.

31 Kwinzala kaHiram nguElizere noIshiya noMalekiya noShemaya noSimon

32 noBhenjamin noMaluki noShemariya.

33 Kwinzala kaHashum nguMatenayi noMatata noZabhadi noElifelete noJeremayi noManase noShimeyi.

34 Kwinzala kaBhani nguMadayi noAmram noUweli

35 noBhenaya noBhedeya noKeluwi

36 noVaniya noMeremoti noEliyashibhi

37 noMataniya noMatenayi noYayasu.

38 KwekaBhinuwi nguShimeyi

39 noShelemiya noNatan noAdaya

40 noManadebhayi noShashayi noSharayi

41 noAzarele noShelemiya noShemeriya

42 noShalum noAmariya noJosefu.

[43] Dos filhos de Nebo: Jeiel, Matitias, Zabade, Zebina, Jadai, Joel e Benaías.

[44] Todos esses homens haviam desposado mulheres estrangeiras. Eles tiveram que se divorciar delas e as despediram com os seus filhos.

[43]Kwinzala kaNebho nguYehiyeli noMatitiya noZabhadi noZebhina noYadayi noJoweli noBhenaya.

[44]Bonke abo babethathe abafazi abaziintlanga. Kwaba bafazi bekukho ababezele oonyana.

Neemias	UNehemiya

Neemias 1

Neemias, sabendo do triste estado de Jerusalém, ora a Deus

1 Palavras de Nehemiá ben Hahaliá, Neemias, filho de Hacalias: No mês de Kislev, Quisleu, isto é, entre novembro e dezembro, no vigésimo ano do reinado de Artaxerxes, quando me encontrava na capital do império persa, Shushán, Susã,

2 Hanani, um de meus irmãos, veio de Judá com mais alguns homens. Indaguei-lhes pelos judeus que haviam voltado, os que sobreviveram ao cativeiro, e a respeito de Jerusalém.

3 Eles me informaram: "Aqueles que sobreviveram ao cativeiro e estão vivendo lá na província passam por grande tribulação, privação e humilhação!"

4 Tendo ouvido este relato, assentei-me e chorei amargamente, lamentei por alguns dias; e coloquei-me em jejum e oração diante do Deus dos céus.

5 E desabafei: "Ó Yahweh, Deus dos céus, Deus grande e terrível, que cumpres a tua Palavra, a tua Aliança, e usas de misericórdia para com aqueles que te amam e obedecem aos teus mandamentos.

6 Que os teus ouvidos estejam atentos e os teus olhos contemplem as palavras desta oração que o teu servo está apresentando diante de ti, dia e noite, em favor de teus servos, o povo de Israel. Sim, confesso os pecados que nós, os israelitas em geral, temos cometido contra a tua pessoa. De fato,

UNehemiya 1

Ixhala likaNehemiya ngeJerusalem

1Nali ibali likaNehemiya unyana kaHakaliya. Kunyaka wamashumi amabini kwinyanga uKislevu, ndathi ndikomkhulu eSusa,

2kwafika uHanani omnye kumawethu, evela kwelakwaJuda namanye amadoda. Ndabancina ngemibuzo, ndifuna ukuqonda ngemeko yamaJuda abhungcileyo ekuthinjweni, nangobume beJerusalem.

3Bandiphendula bathi: "Abo basindileyo, baza babuya ekuthinjweni, bakho phaya kwiphondo lakwaJuda, kambe bakwinkxwaleko enkulu nasehlazweni. Iindonga zeJerusalem ziwile, namasango ayo atshiswe ngomlilo."

4Ndithe ke ndakuziva ezi zinto ndahlala phantsi ndalila. Yaba ziintsuku ndizilile, ndingatyi, koko ndithandaza uThixo wamazulu.

5Ndasuka ndathi: "Camagu, Ndikhoyo, Thixo wamazulu, ngangalala yoThixo owoyikekayo owugcinayo umnqophiso wakho wentembeko kwabo bakuthandayo, beyithobela imiyalelo yakho!

6Khawubek' iindlebe, uvul' amehlo akho, ukuze uwuve umthandazo owenziwa sisicaka sakho phambi kwakho umhla nezolo, ngenxa yezicaka zakho amaSirayeli. Ndiyavuma, mna kunye nendlu kabawo, ndawonye namaSirayeli, sikonile.

eu e o meu povo temos errado sobremaneira.

[7] Temos agido de forma perversa, corrupta e vergonhosa contra ti, e não temos obedecido aos teus mandamentos, nem respeitado os teus decretos e às leis que ordenaste a teu servo Moisés.

[8] Contudo, lembra-te, por favor, do que prometeste a teu servo Moisés: “Se fordes infiéis, Eu vos espalharei entre as demais nações da terra.

[9] Mas se voltardes para mim, e obedecerdes aos meus mandamentos e os praticardes com amor, ainda que os vossos exilados estejam dispersos pelos lugares mais longínquos debaixo do céu, de lá os reunirei e os congregarei no lugar que escolhi para fazer habitar o meu Nome.”

[10] Ora, estes, precisamente, são os teus servos e o teu povo amado, que resgataste com o teu grande poder e com teu braço forte.

[11] Ah! Yahweh, eu te rogo: deixa teu ouvido alcançar o clamor deste teu humilde servo, atende à oração dos teus servos cujo prazer está em amar com respeito o teu Nome. Faz com que teu servo encontre compaixão nos olhos do homem a quem levarei meu pleito. Nessa época, eu era copeiro, degustador de confiança do rei.

Neemias 2

Artaxerxes permite a Neemias ir a Jerusalém e edificar os muros

[1] No mês de Nissan, Abibe, isto é, entre março e abril, do vigésimo ano do rei Artaxerxes, na hora de servir-lhe o vinho, levei-o ao rei. Nunca antes eu havia me

[7]Inkulu inkohlakalo esiyenzileyo kuwe; asiyithobelanga imiyalelo nemimiselo nemithetho owayinikezela kwisicaka sakho uMosis.

[8]“Khawusikhumbule isiyalo owasinika isicaka sakho uMosis, usithi: ‘Xa nithe ananyaniseka ndiya kunichitha-chitha phakathi kwezizwe,

[9]kodwa ukuba nithe nabuyela kum, nayithobela imiyalelo yam, bothi noba sebechithakele beseziphelweni zomhlaba abantu bakowenu, ndibaqokelele khona apho, ndibabuyisele kule ndawo ndayinyulayo ukuze lihlale kuyo igama lam.’

[10]“Bazizicaka nabantu bakho owabakhulula ngaloo mandla nobo bungangamsha besandla sakho.

[11]Khawubek' iindlebe, Nkosi yam, uwuve umthandazo wesicaka sakho esi, ndawonye nowezo zicaka zakho zikulangazelela ngentlonelo. Namhlanje khawusiphumelelise isicaka sakho, usenze samkeleke kulo mfo.” Ngelo thuba ke ndandiyinjoli kakumkani.

UNehemiya 2

UNehemiya uthunyelwa eJerusalem

[1]Ngenyanga uNisan kunyaka wamashumi amabini kakumkani uAtashasta, ngethuba lokunikwa kwakhe iwayini, ndayithatha iwayini leyo ndamnika. Ukumkani

apresentado com o semblante triste na presença dele;

[2] por esse motivo me indagou: "Por que o teu rosto está entristecido, se não estás enfermo? Isso só pode ser tristeza da alma!" Então, neste momento, tive muito medo,

[3] e justifiquei ao rei: "Que o rei viva para sempre! Como meu rosto não estaria triste, se a cidade em que está o sepulcro dos meus pais está completamente destruída e as suas portas consumidas pelo fogo?"

[4] Então, o rei me perguntou: "O que estás desejando me pedir?" E, neste instante fiz uma rápida oração ao Deus dos céus,

[5] e respondi: "Se for do teu agrado, e se o teu servo puder contar com a tua bondade, rogo-te que me permitas ir a Judá, a cidade do sepulcro de meus pais, para que eu a reconstrua".

[6] Então o rei, tendo a rainha assentada ao seu lado, me perguntou: "Quanto tempo levará esta tua viagem? E quando regressarás?" Depois de informá-lo sobre a duração da missão, ele concordou em liberar-me.

[7] Diante da anuência do rei, eu lhe solicitei: "Se for do teu agrado, eu poderia levar cartas do rei aos governadores da Transeufratênia, a província do Eufrates-Oeste, a fim de que me deixem passar até chegar a Judá.

[8] E também uma carta para Asafe, guarda da floresta do rei, para que ele me forneça madeira para construir as vigas das portas da fortaleza que fica junto à Casa, e para os

wayengazange andibone ndilusizi ngaphambili,

[2]ngoko ke ukumkani wathi kum: "Ungaguli nje, ngani ke ukuba bunxunguphale kangaka ubuso bakho? Makube ikho into ekuhluphayo entliziyweni." Ndasuka ndoyika,

[3]kodwa ndathi kukumkani: "Phil' ud' ukhokhobe, kumkani! Bebungathini ubuso bam ukungathi rhubaxa xa isixeko abângcwatywa kuso oobawo singamabhodlo, amasango aso etshatyalaliswe ngomlilo?"

[4]Ukumkani wathi kum: "Yintoni ke oyifunayo?" Ndathandaza uThixo wamazulu,

[5]ndaza ke ndathi kukumkani: "Xa kukholekile kuwe, kumkani, nesicaka sakho esi sisamkeleka kuwe, ndithume kwelakwaJuda kwisixeko abângcwatywa kuso oobawo, ukuze ndisivuse."

[6]Ke ukumkani, enokumkanikazi ecaleni kwakhe, wathi kum: "Loba ngakanani olo hambo; khona, uya kubuya nini?" Kwakholeka ke kukumkani ukundikhulula, ndaza ke ndammisela ixesha.

[7]Kananjalo ndathi kuye: "Ukuba uyakholwa, kumkani, uze undinike iileta eziya kubalawuli belentshona ye-Efrati, ukuze bangandithinteli ukudlulela kwelakwaJuda.

[8]Uze undiphathise neleta eya kuAsafu umgcini-mahlathi okumkani, ukuze andinike imithi yokwenza imiqadi yamasango enqaba ekufuphi nendlu

muros da cidade, assim como para levantar a residência que irei ocupar. Visto que a generosa mão de Deus estava me abençoando neste sentido, o rei atendeu todos os meus pedidos.

[9] Sendo assim, parti em direção aos governadores do Eufrates-Oeste e lhes entreguei as cartas do rei. Acompanhou-me uma escolta de oficiais do exército e de cavaleiros que o rei enviou comigo.

[10] Sambalate, o horonita, e Tobias, o oficial amonita, não esconderam seu profundo desagrado assim que notaram que havia alguém interessado no bem dos israelitas.

[11] Cheguei a Jerusalém e, depois de três dias de permanência na cidade,

[12] levantei-me durante a noite e saí com alguns dos meu amigos. Todavia não compartilhei com ninguém o que o meu Deus havia entusiasmado meu coração para que eu fizesse por Jerusalém. Não levei animal algum, a não ser aquele em que eu montava.

[13] Desta maneira, saí de noite pela porta do Vale, e fui até En Hatanin, Fonte do Crocodilo, e até Sháar Haashpót,Portão do Lixo, e examinei as muralhas de Israel que haviam sido derrubadas, e os seus portais que haviam sido destruídos pelo fogo.

[14] Fui ainda mais adiante, até o portão da Fonte, e até o tanque do rei. Contudo, ali não havia sequer espaço para o animal que eu montava pudesse passar;

[15] por isso decidi subir o vale, ainda de noite, avaliando o estado dos muros.

kaThixo, neyokwakha iindonga zesixeko, ndawonye nendawo yam yokuhlala.” Ngenxa yesandla esikulunga sikaThixo wam esasiphezu kwam ukumkani wazamkela zonke ezo zicelo zam.

[9]Ndaya ke kubalawuli belentshona ye-Efrati, ndabanika ezo leta zazivela kukumkani. Kananjalo ke ukumkani wayendikhuphele namagosa omkhosi, namajoni amahashe.

[10]USanebhalati umHoron, noTobhiya igosa lom-Amon, bathe bakuyiva le nto, suka bakhathazeka yinto yokuba kubekho umntu oze kuphuhlisa intlalo-ntle yamaSirayeli.

UNehemiya uhlola iindonga zeJerusalem

[11]Ndaya eJerusalem, ndaza emva kweentsuku ezintathu

[12]ndaphuma ngobusuku ndinebathwana lamadoda. Zange ndixelele mntu ngento uThixo wam ayibeke entliziyweni yam ukuba ndiyenzele iJerusalem. Kwakungekho nazinto zokukhwela ngaphandle kwaleyo ndandikhwele kuyo.

[13]Ngobusuku njalo ndaphuma ngeSango leNtili, ndaya ngakwiQula likaDyakalashe neSango lobuLongwe, ndazihlola ezo ndonga zidilikileyo naloo masango atshiswe ngomlilo.

[14]Ndadlulela kwiSango loMthombo neQula loKumkani; kambe ke andibanga nako ukudlula khona ndikhwele.

[15]Ewe, intili ndayinyuka ngobusuku ndizihlola iindonga. Ndaza ke ndajika, ndangena ngeSango leNtili.

Finalmente retornei e tornei a entrar pela porta do Vale.

[16] Os oficiais não ficaram sabendo aonde eu tinha ido, pois até então eu nada havia revelado aos judeus, aos sacerdotes, aos nobres, aos oficiais e aos demais sobre a obra que iriam realizar.

[16]Abaphathi babengandazi apho ndiye khona nento endandiyenza, kuba ndandingekathethi nto kumaJuda, nababingeleli, nezikhulu, nabaphathi, nabanye ababeza kusebenza.

[17] Então eu lhes disse: Vede a deplorável e humilhante situação em que nos encontramos, como toda a cidade de Jerusalém está em ruínas e suas portas devastadas pelo fogo. Vinde! Vamos reconstruir os muros de Jerusalém, para que não passemos mais vergonha.

[17]Ndaza ndathi kubo: “Ngaba niyayibona na le nkxwaleko sikuyo? IJerusalem ingamabhodlo; amasango ayo atshiswe ngomlilo. Ngoko ke yizani sizivuse iindonga zeJerusalem, ukuze siphume ehlazweni.”

[18] Também lhes revelei como Deus tinha sido misericordioso comigo e tudo quanto o rei me havia declarado. Diante disso, eles exclamaram: “Levantemo-nos, pois, e reconstruamos nossas muralhas!” E, cheios de ânimo, fortaleceram suas mãos para a realização desse bom projeto.

[18]Kananjalo ndabaxelela ngesandla esikulunga sikaThixo wam ebesiphezu kwam, ngokunjalo namazwi athethwe ngukumkani kum. Baphendula ke bathi: “Masiqalise ukwakha.” Baqalisa ke ukuwenza loo msebenzi mhle.

[19] No entanto, quando Sambalate, o horonita, Tobias, o oficial amonita, e Gesém, o árabe, tomaram conhecimento desses fatos, zombaram de nós, desprezaram-nos e questionaram: “O que é isso que estais tentando fazer? Quereis rebelar-vos contra o vosso rei?”

[19]Kambe ke uSanebhalati umHoron, noTobhiya igosa lom-Amon, noGeshem um-Arabhu, bakuyiva loo nto, basuka baphoxisa bahlekisa ngathi, besithi: “Yintoni le niyenzayo? Nizama ukuvukelana nokumkani?”

[20] Afirmei-lhes então: “O Deus dos céus é quem fará com que sejamos bem-aventurados e nos dará sucesso nessa obra, e nós, seus servos, apenas nos levantaremos e trabalharemos. Todavia, vós não tendes parte, nem direito, nem memorial em Jerusalém!”

[20]Ndabaphendula ndathi: “UThixo wamazulu uza kusiphumelelisa. Thina zicaka zakhe siza kuqalisa ukwakha; kambe ke nina aninasabelo eJerusalem, ningenalo nalubango; nangokwasezimbalini aninalungelo kuyo.”

Neemias 3

Os que trabalharam na edificação dos muros

UNehemiya 3

Abakhi bodonga

[1] O sumo sacerdote Eliasibe e os seus e os seus irmãos, os sacerdotes, deram início ao seu trabalho e reconstruíram o portão das Ovelhas. Eles o consagraram e colocaram as folhas do portal no lugar. Em seguida levantaram o muro até a Torre dos Cem, que também dedicaram a Deus, e prosseguiram até a Torre de Hananel.

[2] Os homens de Jericó reconstruíram o trecho seguinte, e Zacur ben Imri, Zacur, filho de Inri, seguiu construindo logo adiante.

[3] Os filhos de Hassenaá edificaram a Porta do Peixe; colocaram-lhe as vigas e lhe assentaram as portas com seus ferrolhos e trancas reforçadas.

[4] Meremot ben Uriá, Meremote, filho de Urias, neto de Hacots, Hacoz, fez os reparos da parte seguinte da obra. Ao seu lado Mesulão, filho de Berequias, neto de Mesezabel, fez os próximos reparos, e ao seu lado Zadoque, filho de Baaná, seguiu a obra e também fez seus reparos.

[5] Os tecoítas reconstruíram a parte seguinte; mas os seus nobres não se dispuseram a participar dos trabalhos e a se submeter à orientação do seu governador.

[6] Ioiadá ben Passêah, Joiada filho de Paseia, e Meshulam ben Bessodeiá, Mesulão, filho de Besodeias, reforçaram o antigo portão da cidade, conhecido como Porta Velha; colocaram-lhe as vigas, e as folhas do portal no lugar, com seus ferrolhos e trancas.

[7] Junto deles, trabalharam Melatias, gibeonita, e Jadom, meronotita, homens de Gibeão e de Mispa, que pertenciam ao

[1]Ke umbingeleli omkhulu uEliyashibhi kunye noogxa bakhe ababingeleli bahamba baya kwakha iSango leeGusha. Balinikezela, bawabuyisela namasango, bakha baya kuthi xhaxhe ngeNqaba yeKhulu abayinikezelayo, baqhuba bema ngeNqaba kaHananeli.

[2]Amadoda aseJeriko ayesakha kufuphi nabo, ngakuwo kusakha uZakure unyana kaImri.

[3]ISango leeNtlanzi lona lakhiwa ngoonyana bakaHasena. Bayigxumeka imiqadi, bazifaka iingcango zalo, neziqhobosho nemivalo.

[4]UMeremoti, unyana kaUriya, kaHakoze, walungisa umgama olandelayo. Ke yena wayelandelwa nguMeshulam unyana kaBherekiya kaMeshezabheli, owayelandelwa nguZadoki unyana kaBhana, xa bebonke besakha.

[5]Umgama olandelayo wawusakhiwa ngamadoda aseTekowa, nto nje izikhulu zawo zazingafuni kufaka gxalaba kuloo msebenzi phantsi komphathi wazo.

[6]UJoyada unyana kaPaseya noMeshulam unyana kaBhesodiya balungisa iSango eliDala. Bayigxumeka imiqadi, bazifaka iingcango neziqhobosho nemivalo.

[7]Kufuphi nabo kwakusebenza amadoda aseGibheyon naseMizpa, uMelatiya waseGibheyon noYadon waseMeronoti,

domínio do governador da província do Eufrates-Oeste.

[8] Uziel, filho de Haraías, um dos ourives, reconstruiu o próximo pedaço, e Hananias, um dos perfumistas, reconstruiu o trecho logo adiante. E assim fortificaram toda a cidade de Jerusalém até a Grande Muralha.

[9] Refaías, filho de Hur, governador da metade do distrito de Jerusalém, providenciou todos os reparos no trecho seguinte.

[10] Ao seu lado, Jedaías, filho de Harumafe, fez os consertos necessários em frente da sua casa, e Hatus, filho de Hasabneias, fez os reparos que lhe couberam ao seu lado.

[11] Malquias, filho de Harim, e Hassube, filho de Paate-Moabe, reconstruíram a outra parte e a Torre dos Fornos.

[12] Salum, filho de Haloês, governador da outra metade do distrito de Jerusalém, providenciou o conserto do trecho seguinte com a cooperação de suas filhas.

[13] Hanum e os moradores de Zanoa repararam o Portão do Vale; estes a reconstruíram e colocaram as vigas, e puseram as folhas do portal no lugar, com seus ferrolhos e trancas; também edificaram quatrocentos e cinquenta metros do muro, até o Portão do Lixo.

[14] O Portão do Lixo foi consertado por Malquias, filho de Recabe, governador do distrito de Bete-Haquerém. Ele o reconstruiu e assentou os portais, os ferrolhos e as trancas reforçadas, tudo no lugar.

[15] A Porta da Fonte foi consertada por Salum, filho de Col-Hozé, governador do

ndawo ezo zaziphantsi komlawuli wakwelentshona ye-Efrati.

[8]U-Uziyeli unyana kaHarehaya omnye weengcibi zegolide wayelungisa umgama olandelayo. Ke yena uHananiya, omnye wabenzi-ziqholo, wayesebenza loo mgama ulandelayo. Iindonga zeJerusalem bazilungisa bema ngoDonga oluBanzi.

[9]URefaya unyana kaYuri, umlawuli wesiqingatha seJerusalem, wayelungisa umgama olandelayo.

[10]UYedaya unyana kaHarumafi wayelungisa iindawo ekufuphi nendlu yakhe, kufuphi naye inguHatushe unyana kaHashabheniya.

[11]UMalekiya unyana kaHarim noHashubhi unyana kaPahati-mowabhi babelungisa enye indawo kunye neNqaba yamaZiko.

[12]Ke yena uShalum unyana kaHaloheshe umlawuli wesiqingatha seJerusalem wayelungisa umgama olandelayo ekunye neentombi zakhe.

[13]ISango leNtili lalilungiswa nguHanum kunye nabemi baseZanowa. Balakha balifaka iingcango neziqhobosho nemivalo. Kananjalo balungisa umgama oziimitha ezimakhulu mane anamashumi amahlanu kudonga olo, bema ngeSango lobuLongwe.

[14]ISango lobuLongwe lalungiswa nguMalkiya unyana kaRekabhi, umphathi wesithili saseBhete-kerem. Walifaka iingcango neziqhobosho nemivalo.

[15]UShalum unyana kaKolihoze, umlawuli weMizpa, walungisa iSango loMthombo.

distrito de Mispá. Ele providenciou os reparos do muro do tanque de Selá, Siloé, junto ao jardim do Rei, até os degraus que descem da Cidade de Davi.

Walifulela, walifaka iingcango neziqhobosho nemivalo. Walungisa nodonga lweQula laseShela ngakuMyezo kaKumkani, wee xhaxhe ngezinyuko zendlela ehla iphuma kwisiXeko sikaDavide.

16 Depois dele, Neemias, filho de Azbuque, governador da metade do distrito de Bete-Zur, providenciou todos os consertos até em frente ao sepulcro de Davi, até o açude artificial, e a Casa dos Valentes, a residência dos soldados.

16Ngaphaya kwakhe yayinguNehemiya unyana ka-Azebhuki, umlawuli wesiqingatha seBhete-zure. Walungisa wada wajongana namangcwaba akwaDavide, wee xhaxhe ngequla elakhiweyo nendlu yabalindi.

17 Os levitas fizeram os reparos no trecho seguinte; eles estavam sob a liderança de Reum, filho de Bani. Na parte seguinte, Hasabias, governador da metade do distrito de Queila, fez todos os consertos necessários em seu distrito.

enforcar Mardoqueu, aquele que intercedeu pela vida do rei!" Então o rei ordenou: "Portanto, enforcai-o nela agora mesmo!"

10 E eles enforcaram Hamã na forca que ele próprio havia preparado para Mardoqueu. Depois disso, o furor do rei se arrefeceu.

Ester 8

O rei concede a Mardoqueu um edito em favor dos judeus

1 Naquele mesmo dia o rei transferiu para a rainha a casa e todos os bens de Hamã, o inimigo dos judeus. E Mardoqueu apresentou-se diante do rei, pois Ester tinha revelado quem ele era.

2 Então, o rei tirou o seu anel-selo que havia tomado de volta de Amã, e o entregou a Mardoqueu; e Ester o nomeou administrador dos bens que pertenceram a Hamã.

3 Todavia Ester voltou a rogar ao rei e, lançando-se aos pés dele, implorou-lhe em meio a muitas lágrimas que revogasse o plano maligno que Hamã, o descendente de Agague, tinha engendrado contra os judeus.

4 Diante do gesto de Ester o rei prontamente lhe estendeu o cetro real em sinal de aprovação, e ela se levantou diante dele.

5 E confirmou sua súplica, dizendo: "Se for do agrado do rei, e se hoje alcanço o seu favor, e se ele considerar justo, e se eu mesma for agradável a seus olhos, que ele revogue expressamente todas as cartas que Hamã, filho do agagita Hamedata, descendente de Agague, escreveu e

Wakhiwe nguye, esenzela uModekayi lo wathethayo wamhlangula ukumkani." Ukumkani ke wathi: "Mxhomeni kuwo!"

10Ngoko ke uHaman waxhonywa kuloo mthi wayewulungiselele uModekayi; ke wona umsindo kakumkani watsho wathotha.

UEstere 8

AmaJuda anikwa ilungelo lokuzikhusela

1Kwangaloo mini ke ukumkani uAsuwerosi wawunikela kukumkanikazi uEstere umzi kaHaman owayelutshaba lwamaJuda. Ke uModekayi weza kungena kwakumkani, kuba ukumkani wayexelelwe nguEstere indlela abazalana ngayo.

2Ukumkani wawukhulula emnweni wakhe umsesane wakhe wokunyathelisa, lowo wayebuye wawohlutha kuHaman, waza wawunika uModekayi. Ke uEstere wawunikezela kuModekayi umzi kaHaman.

3Ke kaloku uEstere wabuya wathetha nokumkani, eguqe ezinyaweni zakhe elila. Wambongoza ukuba alitshitshise iyelenqe lokutshabalalisa amaJuda elaliqulunqwe nguHaman um-Agagi.

4Waza ke ukumkani wathatha intonga yakhe yokulawula yegolide, wayolulela kuEstere, waza ke yena waphakama wema phambi kokumkani.

5UEstere wathi: "Xa kukholekile kuwe, kumkani, ukuba uyandamkela, ubona ukuba yinto entle le, ube nam undithakazelela, makukhutshwe isihlokomiso esitshitshisa esiya sikaHaman unyana kaHamedata um-Agagi, eso

endereçou a todas as províncias do rei determinando o extermínio de todos os judeus.

6 Porquanto, como me será possível suportar a dor de ver a desgraça que se abaterá sobre todo o meu povo? Como resistirei à destruição da minha própria família?"

7 Em seguida o rei Xerxes respondeu à rainha Ester e ao judeu Mardoqueu: "Mandei enforcar Hamã e passei todos os seus bens para Ester porquanto ele atentou contra os judeus.

8 Escrevei, pois, agora mesmo, novo decreto a respeito dos judeus, o que bem vos parecer, em nome do rei, e selai-o com o meu anel real. Porque todo edito redigido em nome do rei e selado por meio do seu anel é irrevogável!"

9 Imediatamente foram convocados os escribas reais, e essa fato ocorreu no vigésimo dia do terceiro mês, o mês de Sivan, isto é, entre maio e junho. Os secretários do rei escreveram todas as ordens ditadas por Mardoqueu aos judeus, aos sátrapas, aos governadores e aos nobres das cento e vinte e sete províncias que se estendiam da Índia até Cuxe, Etiópia. Essas determinações foram redigidas na língua de cada povo e segundo a escrita de cada província, como também aos judeus, na sua própria escrita e linguagem.

10 Mardoqueu escreveu cartas em nome do rei Xerxes, selou-as com o anel do rei e as

wayesibhalele ukutshabalalisa amaJuda kuzo zonke izithili zikakumkani.

6Uthi ndingathini kodwa ukusinyamezela isithwakumbe esinje phezu kwabantu bakowethu? Ndingathini ukubukela amawethu etshatyalaliswa?"

7Ke kaloku ukumkani uAsuwerosi wamphendula ukumkanikazi uEstere enoModekayi umJuda wathi: "Ngenxa yokuba uHaman ehlasele amaJuda, umzi wakhe ndiwunikezele kuEstere. Ke yena uHaman ndimxhome emthini olungiselelwe oko.

8Ngoko ke bhalani esinye isihlokomiso egameni likakumkani ngenxa yamaJuda, nithethe ngaloo ndlela iya kuthi ifaneleke kuni, nize nisinyathelise ngomsesane kakumkani. Kaloku yonke into ebhalwe egameni likakumkani yaza yanyatheliswa ngomsesane wakhe ayinakuze iguqulwe."

9Ngoko nangoko oonobhala bakomkhulu babizwa ngomhla wamashumi mabini anantathu kwinyanga yesithathu uSivan. Babhala ngokwemiyalelo kaModekayi eyayibhekiswa kumaJuda neerhuluneli nabalawuli nezikhulu zaloo maphondo alikhulu mashumi mabini anesixhenxe, kuqalela kwelaseIndiya kuthi xhaxhe ngeKushe. Ezi zihlokomiso zabhalwa ngobhalo nangolwimi lwephondo ngalinye, kananjalo zabhekiswa nakumaJuda ngobhalo nolwimi lwawo.

10UModekayi wabhala egameni likakumkani uAsuwerosi, wazinyathelisa

enviou com os mensageiros montados em cavalos fortes e velozes, todos da cavalaria especial do rei.

izihlokomiso ezo ngomsesane kakumkani, waza wazithumela ngezigidimi ezikhwele amahashe anamendu aluhlobo olufuywa kwakumkani.

11 E o decreto do rei concedia aos judeus de cada cidade o direito de se reunirem e de se protegerem, de destruir, matar e aniquilar qualquer força armada de qualquer povo ou província que tentasse atacá-los, colocando também em risco suas mulheres e crianças. Resguardava também o direito de saquear os bens dos seus adversários em guerra.

11Esi sihlokomiso sikakumkani amaJuda azo zonke izixeko sawanika ilungelo lokuba aqokelelane azikhusele, atshabalalise abulale ade atshitshise nabani na oxhobileyo noba ngowaluphi na uhlanga okanye ngowaliphi na iphondo, xa ewahlasela ndawonye nabafazi nabantwana bawo, aze ahluthe nantoni na eyeyotshaba lwawo.

12 As determinações do rei entraram em vigor em todas as províncias do rei Assuero, Xerxes, no décimo terceiro dia do décimo segundo mês, o mês de Adar, isto é, entre fevereiro e março.

12Usuku olwamiselwa amaJuda ukuba enze le nto kuwo onke amaphondo olawulo lukakumkani uAsuwerosi yaba ngumhla weshumi elinesithathu kwinyanga yeshumi elinambini uAdare.

13 Uma cópia desse decreto foi publicada como lei em cada província e levada ao conhecimento do povo de cada nação, a fim de que naquele dia os judeus estivessem prontos para vingar-se de todos os seus inimigos.

13Ke ikopi yalo mthetho yayiza kukhutshelwa iphondo ngalinye, ibhengezwe kubantu bohlanga ngalunye, ukuze amaJuda alungele ukuziphindezela ngaloo mini kwiintshaba zawo.

14 Os mensageiros montados nos cavalos velozes da cavalaria especial do rei partiram apressadamente por causa da ordem expressa do rei. Esse decreto foi promulgado inclusive na capital, Susã.

14Zaphuma ke izigidimi zakomkhulu, zikhwele amahashe akomkhulu, zaphalisa ngeenjongo zokufezekisa umyalelo kakumkani. Kananjalo ke isihlokomiso eso sabhengezwa nasebhotwe eSusa.

15 Então Mardoqueu saiu da presença do rei, vestido de um traje real azul celeste e branco, trazendo uma grande coroa de ouro e coberto por um manto de linho fino, vermelho púrpura. E toda a capital, Susã, exultava de júbilo.

15Ke kaloku uModekayi waphuma apho ebhotwe, evathe ezakomkhulu eziluhlaza nezimhlophe, etsho ngembasa yegolide nomnweba welinen ecikizekileyo emfusa ngebala. Isixeko saseSusa senza itheko lemivuyo.

[16] E grande felicidade, alegria, satisfação e honra tomou conta dos corações de todos os judeus.

[16]KumaJuda loo mini yayiyeyokonwaba nokuvuya, uchulumacho newonga.

[17] Em cada província e em cada cidade, onde quer que se anunciasse as ordens do decreto real, explodia entre os judeus grandes manifestações de contentamento, seguidas de animados banquetes e festas. Muitos gentios, pessoas que pertenciam a outros povos do reino, se tornaram judeus, pois o temor dos judeus tinha se apoderado deles.

[17]Kwiphondo ngalinye nakwisixeko ngasinye apho sahamba khona eso sihlokomiso, yaba yimincili nochulumanco kumaJuda, ebhiyoza ngezidlo. Ke into eninzi yabantu bezinye iintlanga yaba ngamaJuda ngaloo mini ngenxa yokuba ingenelwe kukuwoyika amaJuda.

Ester 9

Os judeus matam os seus inimigos

[1] No décimo terceiro dia do décimo segundo mês, que é o mês de Adar, isto é, entre fevereiro e março, quando devia entrar em vigor o decreto do rei. Naquele exato dia os inimigos dos judeus aguardavam o momento de vencê-los no campo de batalha, entretanto aconteceu tudo aconteceu muito diferente dessa expectativa: os judeus dominaram aqueles que os odiavam.

UEstere 9

Uloyiso lwamaJuda

[1]Ke kaloku isihlokomiso somthetho kakumkani sasimiselwe ukuba sifezekiswe ngomhla weshumi elinesithathu kwinyanga yeshumi elinambini uAdare. Ngaloo mini iintshaba zamaJuda zazithembe ukuba ziya kuwabetha ziwavuthulule, kambe ke kwathi kanti zizinqikele ilitye elinobugqwangu, kuba amaJuda asuka azongamela iintshaba zawo.

[2] Os judeus se reuniram nas suas cidades, em todas as províncias do rei Assuero, Xerxes, para erguer a mão contra aqueles que procuravam o seu aniquilamento. E ninguém conseguia resistir-lhes, pois o temor dos judeus havia caído sobre todos os povos.

[2]AmaJuda aqokelelana kwizixeko zawo kuwo onke amaphondo aphantsi kolawulo lukakumkani uAsuwerosi, elungele ukuhlasela wonke umntu ofuna ukuwatshabalalisa. Akubangakho mntu unokumelana nawo, kuba bonke abantu bezinye iintlanga babenkwantya kukuwoyika.

[3] E todos os príncipes das províncias, os sátrapas, os governadores e os administradores dos negócios do rei cooperavam com os judeus, porquanto grande era o temor que alimentavam em relação a Mardoqueu.

[3]Kanti ke futhi zonke izikhulu zamaphondo, iirhuluneli, abalawuli, namagosa kakumkani, babencedisa amaJuda, kuba bonke babengenelwe kukumoyika uModekayi.

[4] Mardoqueu exercia forte influência no palácio real; a sua fama se espalhou por todas as províncias, e ele foi se tornando cada vez mais poderoso e respeitado.

[5] Os judeus feriram todos os seus inimigos a golpes de espada, matando-os e aniquilando-os, e fizeram o que desejaram com os que os odiavam.

[6] E os judeus mataram e eliminaram quinhentos homens da capital, Susã.

[7] Também mataram Parsandata, Dalfom, Aspata,

[8] Porata, Arisai, Aridai e Vaisata,

[9] Farmasta, Arisai, Aridai e Vaisata,

[10] os dez filhos de Hamã, filho de Hamedata, o grande inimigo dos judeus. Mas não colocaram a mão nos seus bens.

[11] Naquele mesmo dia o total na cidadela de Susã foi relatado ao rei,

[12] que informou à rainha Ester: “Os judeus mataram e liquidaram quinhentos homens e os dez filhos de Hamã na capital , Susã. Que terão feito nas demais províncias do rei? Agora, pois, qual é a tua petição? Pede-me e será igualmente atendida! Qual é o teu desejo? Dize-me e ele te será concedido!”

[13] Então lhe declarou Ester: “Se for do agrado do rei, que os judeus de Susã tenham autorização para executar também amanhã o mesmo decreto real de hoje, para que os corpos dos dez filhos de Hamã sejam expostos a toda gente pendurados na forca!”

[4]Ngeli thuba uModekayi waba yimbalasane apho komkhulu, udumo lwakhe lwasuka lwathi ndii kuwo onke amaphondo, waya ethath' unyawo ngobuhandiba.

[5]Ke amaJuda ngekrele azigeqa kwajub' ugodo kwiintshaba zawo, azitshabalalisa ezenzela unothanda kwabo bawathiyileyo.

[6]Kanti ke komkhulu eSusa amaJuda abulala atshabalalisa amakhulu amahlanu amadoda.

[7]Abulala noPashandata, uDalefon, uAspata,

[8]uPorata, uAdaliya, uAridata,

[9]uPamashta, uArisayi, uAridayi, noVayezata,

[10]ishumi loonyana bakaHaman unyana kaHamedata utshaba lwamaJuda. Ke amaJuda akawachukumisanga amaxhoba wona.

[11]Inani lâbo bâbulawáyo komkhulu eSusa laxelwa kukumkani kwangaloo mini.

[12]Ke ukumkani wathi kukumkanikazi uEstere: “AmaJuda abulele amakhulu amahlanu amadoda ndawonye neshumi loonyana bakaHaman komkhulu eSusa. Ngaba enze ntoni na kwamanye amaphondo kakumkani? Ngoku ke, sithini isicelo sakho? Ewe, woyenzelwa into oyifunayo! Sixele isicelo onaso, uya kusenzelwa.”

[13]UEstere uphendule ngelithi: “Xa kukholekile kuwe, mhlekazi, wavumele amaJuda aseSusa asiqhube nangomso esi sihlokomiso sanamhlanje. Ke bona oonyana bakaHaman abalishumi mabaxhonywe emthini olungiselelwe oko.”

[14] O rei aquiesceu e imediatamente deu ordens para que assim se procedesse. O decreto foi anunciado publicamente em Susã, e os corpos dos dez filhos de Hamã foram pendurados na força.

[15] Os judeus de Susã ajuntaram-se no décimo quarto dia do mês de Adar e mataram trezentos homens de Susã, todavia não tocaram em seus bens.

[16] Entrementes, os demais judeus que viviam nas províncias do império, da mesma forma se reuniram para se proteger e se livrar dos seus inimigos. E exterminaram setenta e cinco mil homens dos que os odiavam, mas não se apossaram de qualquer dos bens de seus inimigos.

[17] Todos esses fatos ocorreram no décimo terceiro dia do mês da Adar, e no décimo quarto dia descansaram e fizeram dessa data um dia memorável, de festa e júbilo.

[18] Os judeus da capital, Susã, contudo, tinham se reunido no décimo terceiro e no décimo quarto dias, e no décimo quinto descansaram e dele fizeram um dia memorável, de banquetes e muita alegria.

[19] Por esse motivo os judeus que vivem em vilas e aldeias comemoram o décimo quarto dia do mês de Adar como um dia de banquetes, honra e júbilo, um dia em que se envia porções de alimento e presentes uns aos outros.

A Festa de Purim

[20] Mardoqueu registrou por escrito todos esses acontecimentos e enviou cartas a todos os judeus de todas as províncias do rei

[14]Ngenene ke ukumkani wayalela ukuba yenziwe yonke loo nto. Kwenziwa isihlokomiso eSusa, baza ke baxhonywa bolishumi oonyana bakaHaman.

[15]Ngomhla weshumi elinesine kwinyanga uAdare ahlanganisana eSusa amaJuda, aza abulala amakhulu amathathu amadoda kwalapho eSusa. Kambe ke akawachukumisanga amaxhoba wona.

[16]Kananjalo amaJuda awayekwamanye amaphondo kakumkani aqokelelana azikhusela azikhulula kwiintshaba zawo. Abulala iintshaba ezingamashumi asixhenxe anesihlanu samawaka. Kambe ke akawachukumisanga amaxhoba wona.

[17]Le ntlekele ke yehla ngomhla weshumi elinesithathu kwinyanga uAdare, aza ke amaJuda aphumla ngomhla weshumi elinesine, olo yalusuku lwezidlo nemivuyo.

ITheko lamaQashiso

[18]Kambe ke wona amaJuda aseSusa aqokelelana ngomhla weshumi elinesithathu noweshumi elinesine, aza ke ngomhla weshumi elinesihlanu aphumla, yalusuku lwawo lwezidlo nemivuyo.

[19]Kungenxa yesi sizathu ke le nto amaJuda ahlala emaphandleni ezilalini ezingabiyelwanga ngodonga alukhethileyo usuku lweshumi elinesine lwenyanga uAdare elwenza umhla wemivuyo nezidlo, imini yeholide aphana ngayo izipho.

[20]Ke kaloku uModekayi wazibhala ezi ziganeko, wathumela izaziso kuwo onke amaJuda akwiziphaluka zikakumkani uAsuwerosi, ezikude nezikufuphi,

Assuero, Xerxes, tanto às mais próximas como às mais distantes em todo o reino.

21 E ordenou-lhes que todos os anos lembrassem e guardassem o décimo quarto e o décimo quinto dias do mês da Adar, isto é, entre fevereiro e março.

22 Porquanto nesses dias os judeus livraram-se dos seus inimigos; nesse mês a sua humilhação e tristeza tornou-se em honra e júbilo, e o seu pranto, num dia de festa. Escreveu-lhes recomendando que comemorassem aquelas datas memoráveis como dias de festa e felicidade; de troca de saudações e presentes e de ofertas aos pobres.

23 E assim os judeus passaram a observar a tradição de realizar aquela celebração, conforme Mardoqueu lhes havia prescrito.

24 Pois Hamã, filho do agagita Hamedata, inimigo de todos os judeus, tinha tramado malignamente contra eles tentando exterminá-los e, para tanto, havia lançado o Pur, isto é, a Sorte, com o objetivo de conhecer a melhor maneira de realizar a destruição total dos judeus.

25 No entanto, quando estes sórdidos planos chegaram ao conhecimento do rei por intermédio de Ester, ele deu ordens expressas e por escrito para que a intenção maligna de Hamã para com os judeus se voltasse contra a sua própria cabeça, e para que ele e seus filhos fossem executados e pendurados na forca.

26 Por isso aqueles dias ficaram conhecidos na história pelo nome de Purim, por causa da expressão Pur. Considerando tudo o que estava escrito nessa carta, o que tinham

21ewayalela ukuba enze imibhiyozo minyaka le ngosuku lweshumi elinesine nolweshumi elinesihlanu kwinyanga uAdare.

22Elo ibe lithuba lokukhumbula ukukhululeka kwamaJuda kwiintshaba zawo, inyanga apho usizi lwawo lwaguquka lwaba luvuyo, isingqala sawo sajika saba ngumhla wemibhiyozo. Wabhala ewakhuthaza ukuba ezo ntsuku azenze ithuba lezidlo nemivuyo, anikane izipho zokutya, abonelele namahlwempu ngezipho.

23Ngoko ke amaJuda ayiqhuba loo mibhiyozo ayeseleyiqalile, enza ngokomyalelo obhalwe nguModekayi.

24Kaloku uHaman unyana kaHamedata um-Agagi utshaba lwamaJuda wayewenzele iyelenqe amaJuda, efuna ukuwatshabalalisa, wada wenza ipuri (liqashiso ke elo) ukuze atshitshiswe.

25Kodwa ke lithe lakuqondwa ngukumkani iyelenqe elo, wasuka wayalela ukuba kubhalwe izaziso zokutshitshisa icebo likaHaman lokutshabalalisa amaJuda, khon' ukuze isikhuni sibuye nomkhwezeli, ke yena noonyana bakhe baxhonywe emthini olungiselelwe oko.

26Ngoko ke ezo ntsuku kwathiwa zezeePuri, bezibiza ngegama leqashiso. Ke kaloku ngenxa yako konke ekwakubhalwe

visto e o que, de fato, havia acontecido em todo o reino,

27 os judeus decidiram estabelecer o costume de que eles e os seus descendentes e todos os que se tornassem judeus não deixariam de celebrar anualmente esses dois dias memoráveis, exatamente na forma estabelecida descrita na carta e em suas datas certas.

28 Esses dois dias seriam lembrados e guardados em cada família, em todas as gerações, em todas as províncias e cidades. Esses dias de Purim não seriam revogados jamais entre os judeus, e os seus descendentes os haveriam de lembrar e celebrar para sempre.

29 Então a rainha Hadassá bat Avihail, Ester, filha de Abiail, e o judeu Mordehai, Mardoqueu, escreveram com toda a autoridade uma segunda carta a fim de confirmar todas as instruções da primeira, acerca da celebração dos Purim.

30 Mardoqueu enviou cartas a todos os judeus das cento e vinte e sete províncias do império de Assuero, Xerxes, desejando-lhes paz, segurança e prosperidade,

31 e confirmando que os dias dos Purimdeveriam ser comemorados nas datas exatas e determinadas, conforme o judeu Mardoqueu e a rainha Ester haviam estabelecido e decretado para si mesmos, para todos os judeus e para os seus descendentes de todas as gerações, e acrescentou observações sobre tempos de jejum, lamentação e preparação.

kuloo leta, nangenxa yako konke awayekubonile noko kwawahlelayo,

27amaJuda azibophelela ekulimiseleni eli siko lokuba wona, ndawonye nezizukulwana zawo, nabo bonke abazibandakanya nawo, soze aphazame ekubeni ezi ntsuku zimbini kunyaka ngamnye zibe zezemibhiyozo ngokwemigqalisela yexesha elimisiweyo.

28Ezo ntsuku ke zaziya kukhunjulwa zibekelwe bucala zizo zonke izizukulwana, nayiyo yonke imizi, kuzo zonke iziphaluka, nakuzo zonke izixeko. Ewe, le mihla yeqashiso ayisoze iyeke ukubhiyozelwa ngamaJuda, kanti nokukhunjulwa kwayo soze kutshitshe phakathi kwenzala yawo.

29Ngoko ke ukumkanikazi uEstere, intombi ka-Abhihali, ndawonye noModekayi umJuda babhala ngegunya elikhulu, bebeka umnwe kwesi saziso sesibini mayela neMihla yeePuri.

30UModekayi wathumela izaziso ezibhaliweyo kuwo onke amaJuda akumaphondo alikhulu mashumi mabini nesixhenxe ombuso kakumkani uAsuwerosi, kuzo evakalisa amazwi eminqweno emihle engqinela ukunyaniseka kwakhe,

31ukuze kumiselwe le Mihla yeePuri ngamathuba ayo. Kaloku ezi ntsuku zamiselwa nguModekayi umJuda enokumkanikazi uEstere, zaza zaba sisivumelwano samaJuda ndawonye nenzala yawo ngokuphathelele kumathuba awo okuzila nokulila.

[32] A ordem expressa da rainha Ester confirmou todos os regulamentos para a correta observação dos Purim; e todas essas instruções foram escritas em um livro de registros históricos.

Ester 10

Exaltação de Mardoqueu

[1] Passados esses acontecimentos, o rei Assuero, Xerxes, impôs tributos a todo o império, até sobre as distantes regiões costeiras.

[2] Todos os seus atos de majestade, força e poder, bem como o relato completo da grandeza com que honrou e exaltou Mardoqueu, estão registrados no Livro de Crônicas dos reis da Média e da Pérsia.

[3] O judeu Mardoqueu foi o segundo na hierarquia do império, logo depois do rei Assuero, Xerxes. Era um homem notável, ilustre e de grande influência entre todos os judeus e amado pela multidão de seus irmãos, porquanto trabalhava sempre para o bem de seu povo, promovendo a justiça e o bem-estar entre todos de seu tempo.

[32]Ke isihlokomiso sikaEstere sabek' umnwe kule migqalisela yeMihla yeePuri, saza ke sabhalwa kwingcombolo yeembali.

UEstere 10

Ubuhandiba bukaModekayi

[1]Ke kaloku ukumkani uAsuwerosi wamisela irhafu kulo lonke ilizwe lombuso wakhe, wada wee xhaxhe ngeziqithi zolwandle.

[2]Yonke ke imisebenzi yakhe nobungangamsha bakhe, ndawonye nengcombolo epheleleyo ngobuhandiba bukaModekayi obo wanyuselwa kubo ngukumkani, xa kukonke, nâko kubhalwe encwadini yeembali zookumkani bamaMedi namaPeshiya.

[3]Ke uModekayi umJuda apho kuloo mbuso wayelisekela likakumkani uAsuwerosi, engobalaseleyo phakathi kwamaJuda, exatyiswe gqitha ngamawabo amaJuda. Kaloku yena wayesebenzela inkqubela yabantu bakowabo, eyimele intlala-kahle yamawabo.

Jó	UYobi

Jó 1

A virtude, a tentação e as perdas de Jó

1 Havia um homem na terra de Uts, Uz, e seu nome era Ióv, Jó. Ele era um ser humano bom, honesto e justo; amava respeitosamente a Deus e evitava praticar o que era mal.

2 Jó era pai de sete filhos e três filhas.

3 Ele possuía sete mil ovelhas, três mil camelos, quinhentas juntas de bois e quinhentas jumentas. Tinha também muitos servos a seu serviço. Era o homem mais rico entre todos os habitantes do Oriente de sua época.

4 Seus filhos costumavam visitar uns aos outros e cada vez um deles preparava um banquete e mandava convidar suas três irmãs para comer e beber com eles.

5 Assim que passava o período das festas e banquetes, Jó os mandava chamar e fazia com que se santificassem por meio dos ritos de purificação. Jó levantava-se ao romper da aurora e oferecia holocaustos, isto é, sacrifícios completamente queimados, em nome de cada um de seus filhos, pois pensava: “Talvez meus filhos tenham pecado, ainda que no íntimo de cada um, e assim blasfemado contra Deus em seus corações!” E era assim que Jó vivia e procedia.

UYobi 1

Intshayelelo

1KwelaseUze kwakukho indoda egama linguYobi. Wayengumfo olungileyo engenabala, umfo omhlonelayo uThixo eyithiyile into embi.

2Wayenoonyana abasixhenxe neentombi ezintathu.

3Wayefuyile eneegusha ezingamawaka asixhenxe, amawaka amathathu eenkamela, newaka leenkabi zeenkomo, needonki ezingamakhulu amahlanu. Ngokunjalo ke lo mfo wayenenyambalala yezicaka. Ke uYobi lo wayeyeyona ndoda isisinhanha kubo bonke abantu kwelasempuma.

4Ke kaloku oonyana bakaYobi babedla ngokuqokelelana benze umbhiyozo endlwini yalowo yayiyimini yakhe. Babemema noodade babo abathathu ukuza kutya basele kunye nabo.

5Wakuba lo mbhiyozo ujikeleze kubo bonke uYobi wayedla ngokubabiza abantwana bakhe ukuze abahlambulule. Wayevuka kusasa kakhulu, abenzele amadini atshiswayo ngabanye ngabanye. Kaloku uYobi wayesithi: “Mhlawumbi kusenokwenzeka ukuba abantwana bam bonile bamtshabhisa uThixo ezintliziyweni zabo.” Wayesenjenjalo ke uYobi ngayo yonke imihla yakhe.

UYobi uyavavanywa

[6] Certo dia os anjos, isto é, os filhos de Deus, vieram apresentar-se perante Yahweh, o SENHOR, e Satan, o Acusador, aproximou-se também junto com eles.

[7] Então Yahweh questionou a Satanás: “De onde vens?” E Satanás deu-lhe a seguinte resposta: “De perambular pela terra e ir e vir pelos caminho do mundo!”

[8] Indagou-lhe então Yahweh: “Observaste o meu servo Jó? Em toda a terra não há ninguém como ele: ser humano íntegro e justo, que ama e teme a Deus e se desvia do mal!”

[9] Diante dessas palavras Satanás contestou a Yahweh, questionando: “Será que Jó teme a Deus sem outras intenções?

[10] Porventura não ergueste uma cerca protetora em volta dele, de sua família e de tudo o que ele possui? Tu, pessoalmente, tens abençoado todas as obras das mãos desse homem, de maneira que os seus rebanhos estão espalhados por toda a terra.

[11] Entretanto, estende a tua mão e fere tudo que ele tem, e com certeza ele te amaldiçoará e blasfemará diante da tua face!”

[12] Então Yahweh declarou ao Acusador: “Concedo-te poder para destruir tudo o que ele possui, apenas não estendas a tua mão contra a pessoa dele!” E Satan deixou a presença de Yahweh.

[13] Certo dia, quando os filhos e as filhas de Jó estavam desfrutando de um banquete, comendo e bebendo vinho na casa do irmão mais velho,

[6]Ngamhla uthile izidwangube zakwaThixo zaya kuNdikhoyo, noSathana ke ephakathi kwazo.

[7]UNdikhoyo ke wathi kuSathana: “Uvela phi wena?” Ke yena uSathana waphendula uNdikhoyo wathi: “Ndivela ekubhaduleni, ndisihla ndinyuka, ndijikeleza ehlabathini.”

[8]UNdikhoyo wathi kuSathana: “Usiqondile kodwa isicaka sam uYobi? Akakho onjengaye ehlabathini liphela. Yena ngumfo othembekileyo ongenabala, indoda emhlonelayo uThixo, eyicezelayo into embi.”

[9]USathana wamphendula uNdikhoyo wathi: “Kungaba kungelize na ukuba uYobi afumane amoyike uThixo?

[10]Kaloku wena umbiyele; usoloko umphahlile yena nendlu yakhe, nako konke anako. Uwuthamsanqele wonke umsebenzi wezandla zakhe, yaye nemfuyo yakhe iye isanda ngokwanda elizweni.

[11]Nangoku ke khawolule isandla sakho uchukumise yonke le nto anayo; uya kubona, uya kukushwabulela nawe lo!”

[12]UNdikhoyo ke wathi kuSathana: “Kulungile ke, ungayenza into oyenzayo kwinto yonke anayo, kodwa uze ungakhe ulinge umchukumise yena siqu.” USathana ke wemka apho phambi koNdikhoyo.

[13]Ngenye imini xa oonyana bakaYobi neentombi zakhe babebhiyoza besitya besela endlwini yenkulu yakhe,

[14] um mensageiro chegou trazendo a seguinte notícia a Jó: "Eis que teus bois estavam lavrando a terra e as jumentas pastavam perto deles;
[15] então, repentinamente, surgiram os sabeus e os atacaram e os levaram. Não obstante, eles ainda mataram teus servos ao fio da espada, e só eu consegui escapar para poder contar-lhe o que aconteceu.
[16] Enquanto o mensageiro ainda estava falando, chegou outro e exclamou: "Fogo de Deus caiu do céu, incinerou as ovelhas e os servos e os consumiu; e eu fui o único sobrevivente e vim lhe informar o que ocorreu.
[17] Enquanto ele ainda explicava o ocorrido, veio outro mensageiro e disse: "Os caldeus dividiram-se em três grupos, atacaram os camelos e os levaram, e ainda mataram os teus servos ao fio da espada; só eu escapei para trazer-te essa notícia.
[18] Enquanto este acabava de dar sua informação, chegou outro com a seguinte notícia: "Teus filhos e tuas filhas estavam comendo e bebendo vinho da casa do teu primogênito, o filho mais velho;
[19] de repente, veio um forte vento do deserto, atingiu com fúria os quatro cantos da casa, que desabou sobre os jovens, e todos eles estão mortos. E eu fui a única pessoa que sobreviveu para lhe contar o ocorrido!"
[20] Ao ouvir tudo isso, Jó levantou-se, rasgou o manto que vestia e foi raspar a cabeça. Logo em seguida, ajoelhou-se, encostando o rosto no chão, em sinal de humildade e adoração diante de Deus,

[14]kwafika isigidimi kuYobi, sathi: "Besilima ngeenkabi, zona iidonki zisitya kwalapho kufutshane;

[15]kwaza kwagaleleka amaSabha, asihlasela, azithimba ezo nkomo needonki. Ke zona izicaka zakho azibulele ngekrele; kusinde mna ndedwa ukuze ndikwazise."

[16]Eso sicaka sathi sisathetha njalo kwafika esinye isigidimi, sathi: "Zonke iigusha zakho ngokunjalo nabelusi zibethwe ngumbane zafa; kusinde mna ndedwa ukuze ndikwazise."

[17]Sisathetha njalo kwagaleleka esinye, safika sathi: "Sihlaselwe ngamaqela amathathu amaKaledi, afika azithimba iinkamela, abelusi ababulala ngekrele, yandim ndedwa osindayo ukuze ndikwazise."

[18]Eso sigidimi sathi sisachaza njalo, kwagaleleka esinye, safika sathi: "Oonyana neentombi zakho bebesendlwini yonyana wakho omkhulu, bebhiyoza, besitya, besela iwayini,

[19]kwaza kwasuka kwavuthuza inkanyamba, ivela ngasentlango. Isuke yadlikidla amacala omane endlu leyo, yabawela abantwana abo, bafela apho bonke; ndim ndedwa osindileyo. Ewe, ndim kuphela osindileyo ukuze ndikubikele."

[20]Kwesi sithuba ke uYobi waphakama, wakrazula umnweba wakhe, wayigugula intloko yakhe, waza ke wee guqaqa wanqula,

[21] e exclamou em oração: "Nu deixei o ventre de minha mãe, e nu partirei da terra. Yahweh deu, Yahweh o tomou; louvado seja o Nome do SENHOR!"

[22] E em todas as suas atitudes Jó não errou nem pecou, e também jamais culpou a Deus por revés algum.

Jó 2

A adversidade e a cruel aflição de Jó

[1] Em um outro dia os anjos, os servidores celestiais voltaram a se apresentar perante Yahweh, o SENHOR, e Satan, o Acusador, também estava entre eles para, da mesma maneira, ser ouvido por Yahweh.

[2] Então Yahweh questionou a Satanás: "De onde vens?" E Satanás deu-lhe a seguinte resposta: "De perambular pela terra e ir e vir pelos caminho do mundo!"

[3] Indagou-lhe então Yahweh: "Observaste o meu servo Jó? Em toda a terra não há ninguém como ele: ser humano íntegro e justo, que ama e teme a Deus e se desvia do mal! Jó se mantém integro, apesar de haver tentado me instigar contra ele a fim de castigá-lo sem motivo!"

[4] Diante do que declarou Satanás: "É porque não tocaste na pele dele! Pele por pele. Tudo quanto um ser humano tem ele dará para salvar a sua vida!

[5] Ora, estende a tua mão agora mesmo e toca-lhe nos ossos e na carne, e ele prontamente te amaldiçoará e blasfemará na tua face!"

[21]wathi: "Ndazalwa nguma ndizé, ndaye ke ndiya kunduluka ndikwazé. NguNdikhoyo onikayo, ikwanguye nothathayo. Malidunyiswe igama likaNdikhoyo!"

[22]Kuyo yonke le ntlekele uYobi zange one okanye akhalazele uThixo.

UYobi 2

UYobi uyavavanywa kwakhona

[1]Kwakhona kwathi kwakufika usuku lokuba izidwangube zakwaThixo zihlanganisane phambi koNdikhoyo noSathana wabakho phakathi kwazo ukuze avele phambi koNdikhoyo.

[2]UNdikhoyo wathi kuSathana: "Uvela phi wena?" Ke yena uSathana wamphendula uNdikhoyo wathi: "Ndivela ekubhaduleni, ndisihla ndinyuka, ndijikeleza ehlabathini."

[3]UNdikhoyo wathi kuSathana: "Usiqondile kodwa isicaka sam uYobi? Akakho onjengaye ehlabathini liphela. Yena ngumfo othembekileyo ongenabala, indoda emhlonelayo uThixo, eyicezelayo into embi. Nangoku usabambelele ekuthembekeni kwakhe, nangona wena undixhokonxele ekubeni ndimonakalisele ngaphandle kwesizathu."

[4]USathana ke wamphendula uNdikhoyo wathi: "Hayi kaloku, isikhumba ngesikhumba! Umntu angancama yonke into anayo ngenxa yobomi bakhe.

[5]Nangoku ungathi ukhe wolula isandla sakho wamchukumisa enyameni nasemathanjeni akhe, angakushwabulela nawe lo."

[6] Então Yahweh declarou a Satanás: "Eis que meu servo está entregue em tuas mãos; contudo, poupa-lhe a vida!"

[7] Saiu, portanto, Satan, o Acusador e Inimigo, da presença do SENHOR e passou a afligir Jó, o servo de Deus, com feridas terríveis, que iam da sola dos pés até o alto da cabeça.

[8] Então Jó lançou mão de um caco de cerâmica e com ele coçava-se, raspando suas feridas, sentado sobre as cinzas.

[9] Então aproximando-se a esposa de Jó admoestou-lhe: "Deixe de ser teimoso em sua lealdade homem! Isso não vai resolver nada, amaldiçoa logo a Deus e morre!"

[10] No entanto ele lhe afirmou: "Mulher! Tu falas como uma louca. Porventura receberemos de Deus apenas o bem que desejamos e não também o infortúnio que ele nos permite? E em toda essa provação os lábios de Jó não o fizeram vacilar e pecar.

[11] E três amigos de Jó, ouvindo falar da desgraça que se abatera sobre ele e sua casa, vieram visitá-lo, partindo cada um de sua região, pois haviam combinado de vir prestar-lhe alguma solidariedade e consolo: Elifaz da cidade de Temã, Bildade de Suá, e Zofar, de Naamate.

[12] Eles o avistaram à distância, contudo, mal puderem reconhecê-lo e romperam em lamentação e profundo choro ali mesmo. Em desespero cada um deles rasgou seu manto e lançou terra sobre a própria cabeça.

[13] E ficaram sentados no chão, na companhia de Jó, durante sete dias e sete

[6]UNdikhoyo ke wathi kuSathana: "Kulungile ke, nanko ndimnikela esandleni sakho; nto nje uze ungabuchukumisi ubomi bakhe."

[7]USathana ke wemka apho phambi koNdikhoyo, wafika wabetha uYobi ngamathumba oyikekayo athi tshitshilili ukuqalela elunyaweni ukuya kutsho entloko.

[8]Ke kaloku uYobi wahlala eluthuthwini, wathatha iceba lembiza, wazonwaya ngalo.

[9]Inkosikazi yakhe yathi kuye: "Nangoku usabambelele kule ntembeko yakho? Mqalekise lo Thixo, ufe kube kanye!"

[10]Ke yena wamphendula wathi: "Ukuthetha kwakho nqwa nokomfazi ongaqiqiyo! Kakade, uthi masiyolelwe zizinto ezintle zodwa esiziphiwa nguThixo, singazamkeli ezimbi?" Kuyo yonke le ntlekele uYobi zange one ngomlomo wakhe.

UYobi uhanjelwa zizihlobo

[11]Ke uYobi wayenezihlobo ezithathu ezathi zeva ngayo yonke le nkxwaleko emhleleyo. Yaseso isihlobo ke seza sivela kowaso umzi, inguElifazi waseTeman, uBhildadi waseShuwa, noZofare waseNama. Zazivumelene ngento yokuba ziye kumkhuza uYobi, zimthuthuzele.

[12]Ke kaloku zathi zisemgama zambona uYobi, phofu ke azamazi. Kambe ke zathi zakumqonda zangqukruleka zalila, zakrazula iminweba yazo, zizigalela ngothuli entloko, ziphosa uthuli emoyeni.

[13]Ke kaloku zahlala naye apho phantsi iintsuku ezisixhenxe nobusuku bazo

noites seguidos; e nenhum deles dizia a Jó qualquer palavra, pois ao contemplar seu grande sofrimento não encontravam forças para dizer nada.

Jó 3

Jó amaldiçoa o seu nascimento e lamenta a sua miséria

[1] Passados estes dias, Jó quebrou o silêncio e abriu a sua boca para amaldiçoar o dia do seu nascimento.

[2] Eis o desabafo de Jó:

[3] "Que seja aniquilado na história o dia do meu nascimento e a noite em que se anunciou: 'Um varão nos nasceu!'

[4] Transforme-se aquele dia na mais profunda escuridão; e que Deus, lá de cima, não o considere nem resplandeça sobre ele a luz.

[5] Que as trevas e a sombra da morte o chamem de volta à escuridão; nuvens pesadas habitem sobre ele, e o seu negrume assustador espante a luz do dia para longe.

[6] Que as trevas tomem conta daquela noite e ela não consiga encontrar a alegria que habita entre os dias do ano nem junto aos vários meses.

[7] Oh! Desolação. Seja aquela noite estéril, e nela não se ouça qualquer manifestação de contentamento.

[8] Amaldiçoem-na aqueles que maldizem os mares e são capazes de provocar o Leviatã, o monstro marinho.

[9] Que as estrelas da madrugada fiquem às escuras, e a alva espere em vão pelo romper da aurora;

kungekho nasinye sithetha naye, kuba zazibona ukuba umva-ndedwa wakhe mkhulu gqitha.

UYobi 3

UYobi uqalekisa umhla awazalwa ngawo

[1]Emva koko ke uYobi wathetha wawuqalekisa umhla awazalwa ngawo.

[2]Ewe, uYobi uvakele esithi:

[3]"Ngamana zange wathwasa umhla endazalwa ngawo; nditsho nobo busuku apho kwathiwa: 'Namhlanje kukhawulwe indoda!'

[4]Akwaba loo mini yayingumnyam' ombonde-mbonde; mini leyo noThixo kweliphezulu angayihoyanga; mini ingazange yabonana nokukhanya!

[5]Ngeyambathiswe sisiphitha-nyongo sobumnyama; ngeyisityekelwe ziingqimba zamafu. Loo mini ngeyirhwaqeliswe sisithokothoko sobumnyama;

[6]nobo busuku ngebambathiswe sisithokothoko, suka àbabalelwa kwimihla yonyaka, àbakhankanywa phakathi kweentsuku zeenyanga.

[7]Ewe, akwaba obo busuku babuludlolo; akwaba kwakungavakalanga kumemelela kubo.

[8]Iinkintsela zokuqalekisa imihla ngeziyiqalekisile loo mini; ngeziyifunze ngengwenya.

[9]Iinkwenkwezi zangorhatya ngezimnyama; loo mini ngeyilindele ukusa kodwa kungaze kufike, nomsobomvu ungaze uthi chapha!

[10] pois não fechou o ventre de minha mãe, nem poupou meus olhos de contemplar a miséria e o mais terrível sofrimento.

[10]Kaloku ayizivalanga iingcango zesizalo esandizalayo, ayandiphephisa kule nkxwaleko ndikuyo.

[11] Ora, por que não me foi tirada a vida ainda no ventre de minha mãe? Por que não morri ao nascer?

[11]"Kwakungani ndingafi ndingekazalwa nje, okanye ndife ndisazalwa?

[12] Por que fui acolhido em seu colo? Por que me deu seus seios e me alimentou?

[12]Ngani ukuba uma andisingathe emadolweni? Khona, kwakutheni ukuba andincancise ibele?

[13] Porquanto, se assim fora, agora estaria dormindo, jazeria em paz e desfrutaria de tranquilidade e descanso.

[13]Kuba xa bekungenjalo, ngendalala ndazola; ewe, ngendiphumle kobandayo,

[14] Estaria na companhia de reis e conselheiros da terra, que ergueram palácios suntuosos no passado, hoje transformados em montes de escombros,

[14]ndawonye nezikumkani namaphakathi, lawo awavusayo amanxuwa;

[15] ou ao lado de príncipes, donos de muito ouro, que lotavam suas casas de tesouro com prata.

[15]ngoku ngendikunye namatshawe, azindlu zazizele yigolide nesiliva.

[16] Ah! Se minha mãe tivesse tido um aborto, às escondidas, eu não teria continuado a existir e seria como as crianças que nunca viram a luz do dia.

[16]Ngani ukuba ndingafihlwanga njengomphunzo, njengemveku engalibonanga ilanga?

[17] Na sepultura termina a ambição e a maldade dos ímpios, ali também repousam em paz os atribulados pela vida.

[17]Kaloku apho nezikhohlakali azikhathazi mntu, nabadiniweyo baxhamla ukuphumla.

[18] Ali os cativos e encarcerados encontram sossego, porquanto já não ouvem mais os berros do feitor de escravos.

[18]Khona amabanjwa azonwabele; ahlukene nokungxoliswa yinduna yawo.

[19] O pobre e o rico, o simples e o poderoso, o pequeno e o grande, se encontram ali, e o servo está livre do seu dono.

[19]Apho bandawonye abaphakamileyo nabaphantsi, nkqu nekhoboka likhululekile kumninilo.

[20] Por que se concede luz ao aflito e vida aos amargurados de alma;

[20]"Ngani ukuba abaza kubandezeleka balibone ilanga, abangcungcuthekayo babudle ubomi?

[21] que desejam a morte, sem que ela venha, e cavam à sua procura mais do que em busca de tesouros ocultos;

[22] aos que se enchem de alegria e exultam quando vão para a sepultura?

[23] Por que se dá vida àquele cujo caminho não faz sentido, é como andar às cegas, com todas as saídas trancadas por Deus?

[24] Assim, em vez de comer, eu choro e lamento, e os meus gemidos se derramam como água da fonte.

[25] Exatamente aquilo que mais eu temia desabou sobre minha cabeça, e o que mais me dava medo veio me assombrar.

[26] Não tenho paz, nem tranquilidade, nem consigo descansar; vivo em desassossego!”

Jó 4

Elifaz repreende Jó

[1] Então Elifaz de Temã tomou a palavra e respondeu ao desabafo de Jó:

[2] “Se alguém se aventurar oferecer-te um conselho, ficarias ofendido? Todavia, quem pode conter as palavras?

[3] Tu tens ministrado sabedoria a muitos e tens encorajado a diversos braços desfalecidos.

[4] Tuas palavras têm sustentado os que cambaleavam, e tens fortalecido os joelhos vacilantes.

[5] Contudo, agora chegou a tua vez de estar em dificuldade, tu te perturbas e, ao seres provado, te desanimas.

[6] Acaso tua confiança não está alicerçada no teu temor a Deus, e a tua esperança, em teu procedimento irrepreensível?

[21]Bona balangazelela ukufa, kungafiki noko; bakuzingela ngathi bafuna ubutyebi.

[22]Abavuyi bayachulumacha, bachwayitile xa bedibana nengcwaba.

[23]Ngani ukuba balibone ilanga abandlela imfiliba, abo babiyelweyo nguThixo?

[24]Kuba ukutya kwam yincwina; ukugcuma kumpompoza njengamanzi.

[25]Kuba ndihlelwa zezo zinto zindinkwantyisayo; ezindinxunguphalisayo zezona zindihlelayo.

[26]Andinako ukuzola, ndingenako nokonwaba; Andifumani kuphumla, kuba ndasoloko ndijijitheka.”

UYobi 4

UElifazi: Obhangayo ngonetyala

[1]Kwesi sithuba ke kuphendule uElifazi waseTeman, wathi:

[2]“Ngaba xa umntu enokukuphendula awungekhathazeki kodwa? Phofu ke ibingubani onokuthula nje?

[3]Khumbula kaloku ukuba baninzi abantu obaqeqeshileyo, ubakhuthaza ubomeleza abazandla zinomkhinkqi!

[4]Ngamazwi akho ubaxhasile abakhubekayo, wabaqinisa abamadolo agevezelayo.

[5]Namhlanje ke kungawe, naku ke wena ungenakunyamezela; ewe, zidla kuwe, ngoku ke wena suka wadideka.

[6]Andithi na kaloku wena ukholosa ngokuhlonela uThixo? Ewe kaloku, qamela ngobunyulu beendlela zakho, ukholose!

[7] Pensa bem! Consegues recordar-te de algum inocente que tenha perecido? Soubeste que justos sofreram destruição?

[8] Pelo que tenho observado, eis minha experiência: aqueles que cultivam o pecado e semeiam a impiedade são os mesmos que colhem tudo quanto há de mal.

[9] Ora, pelo sopro de Deus são destruídos; pelo vento de sua ira são aniquilados.

[10] Os leões podem rugir e rosnar muito alto, mas até mesmo os dentes dos leões mais jovens e fortes se quebram.

[11] Os leões mais velhos morrem por falta de presas para mastigar o alimento, e os filhotes da leoa peregrinam sem rumo.

[12] Disseram-me uma palavra em segredo, da qual os meus ouvidos perceberam o sussurro.

[13] Em meio aos sonhos alarmantes da noite, quando cai sono profundo sobre os seres humanos,

[14] temor e tremor se apoderaram da minha alma e fizeram estremecer todos os meus ossos.

[15] Um espírito, como um sopro, passou ante meu rosto e senti todos os pelos do meu corpo arrepiarem-se imediatamente.

[16] Ele parou, mas não consegui identificá-lo. Um vulto se pôs diante dos meus olhos em meio ao silêncio, e escutei uma voz suave, que me indagava:

[17] 'Pode um ser mortal ser perfeitamente justo diante de Deus? Pode o ser humano se

[7]"Hayi kaloku, khawuzikise ukucinga; ngubani owakha wabhanga emsulwa? Ingubani khona owakhe watshabalala kodwa engenabala?

[8]Ke kwawam amava, abalima ububi, batyale inkathazo, bavuna loo nto bayilimileyo.

[9]Ewe kaloku, ngokuphefumla nje kukaThixo batsho badake; ngenene yena ufutha kube kanye batsho baphel' emehlweni!

[10]Bona banjengeengonyama ezikroboke amazinyo: nokuba ziyagquma zibhavumle ngokurhwaqelisayo,

[11]ziyatshabalala kukuswela amaxhoba, nawo amathole azo asuke abe ziintsali."

UElifazi: Akukho mntu ulilungisa kunoThixo

[12]"Ndakha ndee rhithi udaba bunkente-nkente; ewe, iindlebe zam zeva amarhe ngathi kuyasetyezwa.

[13]Kanye ngaloo mathuba emiva-ndedwa yemibono ebusuku, xa kanye ndikobentlombe,

[14]suka ndarhwaqela ndankwantya, ada amathambo am anengevane.

[15]Nako ke kusithi phinzi into phambi kwam; hayi ke, ndahlathuzela ngamanwele!

[16]Nantso ke, suka yema bhunxe! Hayi, andibanga nakuyinakana mpela. Phofu wona umthinzi wabe uphambi kwam – hayi ke, kwathi cwaka, ndada ndeva ilizwi lisithi:

[17]'Ngab' ingenzeka na into yokuba umntu abe lilungisa kunoThixo? Umntu angaba nyulu ngaphezu koMdali wakhe?

conservar puro em seus caminhos sob o olhar do Criador?

[18] Se Deus não deposita confiança em seus próprios servos, percebe-se erro em seus anjos e os julga por insensatez,

[19] quanto mais aos que habitam em casas de barro, cuja fundação está no pó, e são esmagados mais facilmente que uma traça!

[20] Entre o raiar do dia e o pôr-do-sol são exterminados; perecem para sempre sem que sejam sequer notados.

[21] A vida dos seres humanos se acaba como uma tenda que desmancha ao simples arrancar de uma de suas cordas, e morremos sem termos conquistado a sabedoria!

Jó 5

Elifaz exorta a Jó a que busque a Deus

[1] "Grita para saber se alguém te responde! A qual dos anjos procurarás?

[2] Porquanto o ressentimento destrói o insensato, e a inveja aniquila o falto de sabedoria.

[3] Vi o louco estabelecer raízes; contudo, de repente toda a sua casa foi amaldiçoada.

[4] Seus filhos não alimentam esperança de se verem seguros; humilhados nos tribunais, às portas da cidade, não há quem os queira defender.

[5] Os esfomeados devoram a tua messe colhendo tudo o que podem, até mesmo entre os espinhos; e os sedentos e gananciosos sugam seus bens e economias.

[6] Pois o desespero não aparece do pó, nem a aflição brota da terra;

[18]Andithi na kaloku nezicaka zakwakhe akazithembi? Nditsho nezithunywa zakhe azimkholisi kwaphela.

[19]Babengoobani ke abantu abahlala ezindlwini zodaka, abantu abasiseko siluthuli, abasuka batyumke njengenundu?

[20]Umntu ungambona ekhona kusasa, kanti ke kuya kuthi kurhatyela abe selengasekho; ewe, utshabalala kuphele engakhange aqondakale!

[21]Kaloku nelo nqugwala lakhe lisuka lincothulwe, ke yena afe engekabufumani bona ubulumko!'

UYobi 5

[1]"Danduluka kaloku, ukhale, ubone ukuba ukhona oya kuphendula! He-e-e, uza kubhenela kwesiphi ke ngoku isithunywa?

[2]Ngenene izityhakala zizigwinta ngengcwangu yazo; lona ikhwele yimfeketho ephelela ekufeni.

[3]Ndakha ndasibona isityhakala sihluma; suka ke mna ndaliqalekisa elo khaya laso.

[4]Oonyana baso basesichengeni; nasenkundleni basisisulu, akukho bani ubahlangulayo.

[5]Isivuno saso sityiwa zizilambi, zisicubungula naphakathi kwameva. Amabawa ayaburhogola ubutyebi baso.

[6]Kaloku inkxwaleko ayiphumi luthulini, ibe ke nenkathazo ayintshuli mhlabeni.

7 entretanto, o ser humano nasce para a tribulação, assim como as fagulhas naturalmente voam para cima.

8 Se fosse o meu caso, eu procuraria mais a Deus e lhe entregaria o meu problema.

9 Ele realiza prodígios insondáveis, maravilhas sem conta:

10 Derrama a chuva sobre a terra, e envia água sobre os campos.

11 Levanta os abatidos, e os desanimados e chorosos são exaltados em segurança.

12 Frustra as intenções dos astutos, de modo que suas mãos nada possam executar.

13 Apanha os ardilosos na sua própria sabedoria, e o conselho dos perversos logo se demonstra inútil.

14 Densas trevas se abatem sobre eles em pleno dia; ao meio-dia eles perambulam tateando como se andassem pela escuridão da noite.

15 No entanto, Deus livra o necessitado da espada afiada que esses maldosos possuem na boca, e livra o oprimido das mãos dos arrogantes e poderosos.

16 Assim, pois, há esperança para o indigente. A injustiça cala a própria boca!

17 Bem-aventurado é o ser humano a quem Deus corrige! Jamais desprezes a repreensão de Shaddai, Onipotente.

18 Pois é ele quem abre a ferida, mas ele mesmo a trata; ele fere, mas com suas próprias mãos pode curar.

7Umntu nenkathazo ngumtya nethunga, kwanjengokuba intlantsi ihamba nomlilo!”

UElifazi: NguThixo ophilisayo

8“Kambe ke, ukuba ibindim, bendiya kubhenela kuThixo, ndiyaneke phambi kwakhe imeko yam.

9Kaloku nguye owenza izigigaba ezingenakugoca-gocwa; imimangaliso yakhe ayiphele ndawo.

10Nguye onisa imvula emhlabeni, amasimi awanyakamise ngamanzi.

11Yena ngumphakamisi wabadelekileyo; ke bona abasezinyembezini uyabathuthuzela.

12Kaloku yena uyaliphuthisa icebo lesindwebi, ize imizamo yaso ibuye nemband' esikhova.

13Izilumko uzitsho zixakane nobuqhokolo bazo, ize imizabalazo yazo yobuqhopholololo ibhange ngesaquphe.

14Kwakuba njalo ke kutsho kuhlw' emini kuzo; kuthi kusemin' emaqanda, zona zitotobe ziphampathe ngathi kukwabhadakazi!

15NguThixo obakhuselayo abahlelelekileyo ekutyholweni; nguye obahlangula esandleni sabomeleleyo.

16Ngoko ke likhona ithemba nakumahlwempu; ke zona izikhohlakali zitsho zisikw' umlomo!

17“Ewe, unenyhweba umntu olulekwa nguThixo; ngoko ke sukuyidela ingqeqesho kaSomandla!

18Kaloku yena uyenzakalisa, abuye abophe; kanti kwayena uyabetha, abuye aphilise ngezandla zakhe.

[19] De seis angústias te livrará, e em sete tribulações o mal não te molestará.

[20] Nos dias de fome e privações ele te livrará de sucumbir, e na guerra, te salvará do poder da espada da morte.

[21] Estarás protegido do açoite da língua e, quando a devastação chegar, nada haverás de temer.

[22] Zombarás da devastação e da penúria, e não terás receio dos animais selvagens.

[23] Pois manterás aliança e forte amizade até com as pedras do campo, cujas feras conviverão em paz contigo.

[24] Compreenderás que a tua habitação é segura; visitarás o teu rebanho e contarás os teus bens e concluirás que nada há que te falte.

[25] Também saberás que os teus filhos e netos, bem como todas as gerações a partir de ti, se multiplicarão como a relva que cobre a terra.

[26] Descerás ao descanso em tua sepultura em idade avançada, como um feixe recolhido no tempo certo.

[27] Já estivemos analisando tudo isso, e comprovamos que é assim que acontece. Agora, pois, escuta e aplica esse conselho em tua vida e para teu próprio bem!"

Jó 6

Jó justifica as suas queixas

[1] Diante de tudo que ouviu, Jó pondera:

[2] "Ah, se pudessem pesar a minha tribulação e depositar na balança junto à minha calamidade!

[19]Yena uyaphinda-phinda ukukuhlangula ezinkathazweni, kanti ke ekugqibeleni akuyi kuba sachukunyiswa bubi.

[20]Ngexesha lendlala uya kukuhlangula ekufeni; ukanti emfazweni uya kukusindisa ekreleni.

[21]Ngokunjalo uya kukukhusela kwintlebendwane, ungabi naxhala ngexesha lonxunguphalo.

[22]Unxunguphalo nendlala ziya kuba yimfeketho kuwe, ungawaxhaleli namarhwamncwa ehlabathi.

[23]Uya kunqophisana namatye asemathambekeni, kubekho uxolo phakathi kwakho namarhamncwa asendle.

[24]Umzi wakho uya kuhlala ukhuselekile, nasesibayeni uthi wakukhangela ufike ziphelele.

[25]Inzala yakho iya kuba yinyambalala, isizukulwana sakho sinabe njengengca emhlabeni.

[26]Uya kudla ubomi ude ukhokhobe, nqwa nengqolowa engavunwayo lingekafiki ixesha.

[27]"Uyabona, siziphicothile ezi zinto, yaye zinjalo; yiva ke, uziqonde ubunyaniso bazo kuwe."

UYobi 6

UYobi: Ngokwam andinawo amancedo

[1]Ke yena uYobi waphendula wathi:

[2]"Akwaba iinkxwaleko zam beziveyishwe kakuhle, iinzingo zam zalinganiswa esikalini.

3 Na verdade, o resultado total seria mais pesado do que a areia dos mares! Por esse motivo as minhas palavras são tão veementes,

3Ubunzima bazo bebuya kudlula nakobentlabathi yaselwandle; ewe, yiyo loo nto amazwi am asuke aba rhabaxa.

4 porquanto as flechas de Shaddai, o Todo-Poderoso, se cravaram em mim, e o meu espírito suga o veneno que elas contêm; os terrores de Deus me assediam.

4Kaloku iintolo zikaSomandla zindibinzile, ubuhlungu bazo butyhutyh' umzimba; izoyikiso zikaThixo zindiphahlile.

5 Porventura, zurra o asno montês quando tem erva para alimentar-se? Ou muge o boi se tiver forragem?

5Ngaba likhe likhonye na iqwarha ikho ingca eluhlaza? Khona, yona inkomo uthi inganxakama zikho iindiza?

6 É possível comer sem tempero o que é insípido? Há sabor na clara do ovo sem sal?

6Into emtyuba ingatyiwa na ngaphandle kwetyuwa? Inayo na incasa incindi yomxoxozi?

7 Recuso-me a tocar nisso; esse tipo de comida sem sabor me causa repugnância.

7Mna ukutya okunjalo andikuchukumisi; ndingathi khe ndayenza loo nto kubuye.

8 Quem me dera que o meu pedido fosse atendido, e Deus me desse o que anseio,

8Akwaba uThixo angandiphendula, awufezekise umnqweno wam

9 se Deus se dispusesse a esmagar-me; ora, que ele soltasse a mão e me aniquilasse de uma vez!

9wokuba uThixo avume ukundixusha, asiyekele isandla sakhe, abunqamle ubomi bam.

10 Isto ainda me traria alguma consolação, eu buscaria alegria em meio à dor implacável, de jamais ter ido contra as palavras do Santíssimo Yahweh.

10Into enjalo ke inganditthuthuzela; ewe, naphakathi kweentlungu ndingavuya ndichulumache, kuba andizange ndaphikisana namazwi alowo uNgcwele.

11 Que esperanças por manter, se já não tenho mais forças? Não consigo ver o meu futuro, como agir com paciência?

11“Ngaba ndisenawo na amandla okuqhubela phambili ndiphila? Khona, siphelo sini sona eso ukuba ndingade ndinyamezele?

12 Porventura tenho eu a força das rochas? Acaso a minha carne é de bronze?

12Bendilililitye na kakade? Ngaba ndisisinyithi?

13 Haverá poder que venha em meu socorro, agora que todos os meus recursos se esvaíram?

13Ngenene mna ngokwam andisenawo amandla okuzinceda, futhi nempumelelo yam ndiphuncukene nayo.

14 Um ser humano desesperado deve ser alvo da atenção e da solidariedade de seus

14“Intlungu yomntu imelwe kukukhathalelwa zizihlobo zakhe, nditsho

amigos, ainda que ele tenha se afastado do temor do Todo-Poderoso!

nokuba yena selekutyeshele ukumhlonela uSomandla.

[15] No entanto, os meus irmãos me iludiram como ribeiros passageiros, como riachos que transbordam

[15]Kambe amawethu anobuqhokolo, afana nentlambo emanzi atshayo.

[16] quando o degelo os torna turvos, arrastando consigo a neve que os faz encher,

[16]Iba namanzi amdaka anomkhenkce, apho linyibilikela khona ikhephu,

[17] mas que cessam de fluir no tempo da seca, e no calor desaparecem dos seus próprios leitos.

[17]kodwa lithi lakubalela aphele, lakuba shushu asuke ome qoko!

[18] As caravanas se desviam de suas rotas; sobem para lugares desertos e vão de encontro à morte.

[18]Iinqwelo ziyaphambuka endleleni yazo, ziye kuyo, kodwa zifike zife namthanyana kuba kusenkangala.

[19] Buscam água as caravanas de Temá, contemplam com esperança os mercadores de Shevá, Sabá.

[19]Iinqwelo zaseTema zikhangela amanzi, nabahambi baseShebha baphunguza benethemba.

[20] Sentem-se envergonhados por terem depositado confiança e, ao chegar ali, se deparam com a frustração.

[20]Kambe ke basuka badane ngenxa yelo themba labo, kuba bathi bakuya kule ntlambo bafike baphoxeke.

[21] Para mim haveis vos tornado assim: quanto mais me vedes assustado e com medo, tanto mais ficais apavorados.

[21]“Ngoku ke nani ninjalo, kuba nithe nakusibona isibetho endisifumeneyo nasuka nathi rhubaxa noyika.

[22] Porventura já vos pedi: ‘Dai-me algo de bom para animar-me’? ‘Fazei-me uma oferta de vossos bens’?

[22]Ngaba ndikhe ndathi kuni: ‘Ndipheni into,’ okanye ndathi: ‘Khanindinyobele ubani ngaloo ndyebo yenu’?

[23] Ou ainda: ‘Livrai-me das mãos do adversário’? ‘Resgatai-me das garras de quem me oprime’?

[23]Ngaba ndikhe ndathi: ‘Ndihlanguleni esandleni sotshaba,’ okanye ndathi: ‘Ndihlawuleleni koongalo-nkulu’?

[24] Ministrai-me, dai-me o saber, e eu me calarei; mostrai-me onde cometi erro ou pecado!

[24]Hayi ke, khanindifundise; ndothi cwaka! Ewe, ndiboniseni apho ndiphambuke khona!

[25] Como são poderosas as palavras justas e orientadoras! Mas o que quereis demonstrar com vosso argumento?

[25]Kambe ke wona amazwi athe ngqo aluncedo; ukanti ke ezi ngxoxo zenu ngaba ziphuhlisa ntoni?

[26] Por acaso vós pretendeis reprovar o meu desabafo e tratar como vento as palavras de um homem desesperado?

[26]Ngaba nifuna ukulungisa oko ndikuthethileyo, amazwi omntu oselencamile niwenze intetho engumoya?

[27] Seríeis capazes de sortear um órfão ou desamparado, e de tirar proveito de um amigo fragilizado, vendendo-o por uma bagatela?

[28] Agora, pois, olhai nos meus olhos, pois certamente não mentirei diante das vossas faces.

[29] Mudai de entendimento sobre mim, rogo-vos, não sejais injustos; sim, mudai, porquanto nada devo e meu pleito é justo!

[30] Há maldade no meu falar? Será que a minha boca perdeu a capacidade de identificar boas e más palavras?"

Jó 7

[1] "Ó Deus, por acaso o ser humano não trabalha dia após dia, arduamente, sobre a terra? Não são todos os seus dias como os de um assalariado?

[2] Como o escravo que suspira pelas sombras e o repouso do entardecer, como o assalariado que anseia pelo pagamento,

[3] assim me ofereceram meses de ilusão, e noites de desgraça me foram destinadas.

[4] Quando enfim me deito, questionam-me os pensamentos: 'Quanto tempo terei de repouso? Quando me levantarei?' Então a noite se arrasta e eu fico me virando na cama até que vejo o romper da aurora.

[5] Meu corpo está tomado pelos vermes e de crostas de ferida, observo minha pele se rachando e vertendo pus.

[6] Meus dias passam mais depressa que a lançadeira do tecelão, e chegam ao fim do mesmo jeito que começaram: sem esperança.

[27]Nina nixolele ukwenza amaqashiso nangenkedama, nisenge inzuzo nangesona sihlobo senu.

[28]"Kambe ke ngoku khanindijongisise, kuba andisoze ndinixokise ndijongene nani.

[29]Ngoku ndiyanithandaza, khanibuyeke ubugqwetha; sanukundisingela phantsi – ndililungisa kule nto.

[30]Ngaba nithi kunesikhwa na ukuthetha kwam? Nithi andisakwazi ukwahlukanisa phakathi kokubi nokuhle?"

UYobi 7

UYobi: Uyintoni na umntu?

[1]"Ke bona ubomi bomntu yimbulaleko emhlabeni; imihla yakhe ngumzabalazo onjengobomi bomqeshwa.

[2]Imihla yakhe injengeyekhoboka elisoloko lilangazelela ukuhlwa; injengeyomqeshwa olangazelela umvuzo wakhe.

[3]Ewe, esam isabelo ziinyanga ngeenyanga zokulambatha; mna ndabelwe ubusuku beenzingo.

[4]Xa ndilalayo ndithi: 'Yaz'ba kuya kusa nini na?' Nobo busuku ke busuka bube bude gqitha, ke mna ndibe ndimbola-mboleka kude kuse.

[5]Umzimba wam wambethe iimpethu nothuli; ulusu lona lucandekile, luyabhidla.

[6]"Imihla yam ikhawuleza okomatshini wokuluka; iya kufikelela esiphelweni ingaginyisi mathe.

[7] Lembra-te, ó Deus, de que a minha vida não representa mais que um sopro; meus olhos jamais tornarão a contemplar a felicidade.

[8] Os que agora me observam, nunca mais me verão; depositaste teu olhar sobre a minha pessoa, e já deixei de existir.

[9] Da mesma maneira que a nuvem se esvai e desaparece, aquele que desce ao Sheol, à sepultura, jamais voltará a subir.

[10] Nunca mais retornará à sua casa; a sua antiga habitação não mais tornará a vê-lo.

[11] Por este motivo não calarei a boca e falarei da angústia do meu espírito; eu me queixarei da amargura da minha alma.

[12] Acaso sou eu o mar, ou o monstro das profundezas para que cerques com guardas?

[13] Quando penso: 'meu leito haverá de consolar-me e minha cama aliviará meu sofrimento!'

[14] Eis que me assustas com sonhos, e me atemorizas com visões.

[15] Prefiro ser estrangulado e sofrer a morte em lugar de ver meus ossos sendo fustigados dia após dia;

[16] sinto desprezo pela minha vida! Sei que não viverei nesta terra para sempre; portanto, deixa-me, porquanto os meus dias não têm o menor sentido.

[17] Afinal, quem é o ser humano para que lhe dês grande importância e coloque sobre ele os teus olhos,

[18] para que o examines a cada nova aurora e o proves a cada momento?

[7]Khawukhumbule ke, kuba ubomi bam bunjengomphunga; amehlo am akasoze aphinde akubone okuhle.

[8]Nâbo bandibonayo ngoku soze babe sandibona; ndiya kuphel' emehlweni undijongile.

[9]Njengokuqhabalakana nokunyamalala kwamafu unjalo ofayo, akaphindi abuye.

[10]Akaphindi eze ekhayeni lakhe, angabi sazana nendawo yakhe.

[11]“Hayi khona, andiyi kuthi cwaka! Ndiya kuwuphalaza umva-ndedwa wam, ndikhale ndibindekile!

[12]Ngani ke ukuba ude undimisele umlindi? Ngaba ndilulwandle, okanye isilo solwandle?

[13]Ndakulala ndiye ndicinge ukuba umandlalo wam wondithuthuzela, ndithi ubuthongo bondithomalalisa.

[14]Kodwa wena usuka undirhwaqelise ngamaphupha; usuka undivingcele ngemibono.

[15]Ndide ke mna ndikhethe ukukrwitshwa; kanye ndinyula ukufa kunokuphila kulo mzimba wam.

[16]Ewe kambe, ndidikiwe bobu bomi; kakade andiyi kuphila ngonaphakade. Hayi ndiyekeni, kuba ubomi bam bunjengomphunga.

[17]“Yaz'ba uyintoni na umntu, le nto umxabise kangaka; ngani ukuba umzondelele kangaka?

[18]Ewe, yonke imihla uyamphicotha; ngayo yonke imizuzu uyamvavanya.

[19] Nunca desviarás de mim o teu olhar misericordioso? Jamais me abandonarás, nem por um instante?
[20] Se errei e pequei, que mal te causei, ó tu que vigias todos os seres humanos? Por qual razão me tornaste teu alvo? Porventura me transformei num fardo pesado e inútil para ti?
[21] Por que não perdoas as minhas ofensas e não apagas de vez os meus pecados? Porquanto em breve me deitarei no pó; tu me procurarás, contudo, eu já não mais existirei.

[19]Hayi kaloku, khawuthi gu kancinci; khawundiyeke ndikhe ndiginy' amathe!

[20]Ke ukuba ndiyona, ikukhathaza ngani loo nto, wena Malusi woluntu? Ngani ukuba ndibe selisweni lakho kangaka? Ngaba ndingumthwalo ongako kuwe?

[21]Ngaba awungendixoleli na isono sam, ubulibale ubutyala bam? Kuba ke ngoku ndiza kulala kobandayo; uthi undifuna ndibe ndingasekho!”

Jó 8

Bildade refuta as palavras de Jó e justifica a Deus

[1] Então Bildade, o shuhita, suíta e outro amigo de Jó, interveio:
[2] “Até quando falarás deste modo? Até quando as palavras da tua boca serão como um vento revoltoso?
[3] Acaso Deus deturparia a justiça? Será que o Todo-Poderoso torce o direito?
[4] Se teus filhos pecaram contra Deus, ele os entregou ao poder da própria transgressão que cometeram.
[5] Contudo, se te aplicares em buscar a Deus, e levantares o teu clamor e súplica ao Todo-Poderoso,
[6] se estiveres livre de pecados e correto em teu caminhar, com certeza ele se levantará em teu benefício agora mesmo e te restaurará ao lugar que por justiça cabe a ti.
[7] O teu começo de vida parecerá pobre, quando comparado ao futuro que desfrutarás em fartura e prosperidade.

UYobi 8

UBhildadi: UThixo akabugqwethi ubulungisa

[1]Waphendula ke uBhildadi umfo waseShuwa, wathi:
[2]“Mfondini, koda kube nini ushwaqa, usenza imbudede yamazwi afana nomoya obhudlayo?
[3]Uthi uThixo angakujika okulungileyo? Uthi uSomandla angabugqwetha ubulungisa?
[4]Ukuba abantwana bakho bawaphule ummiselo wakhe, yena ke ubawisele isohlwayo esibafaneleyo.

[5]Into omawuyenze wena kukuzibika kuThixo, ubuse umbongoze uSomandla.

[6]Ukuba ungumntu onyanisekileyo omsulwa, ngenene uya kukuva, akubuyekeze ngomzi wakho.

[7]Ewe, ubunayo inkqubela ngaphambili, kodwa ayinakulinganiswa nendyebo owoba nayo esiphelweni.

[8] Indaga às gerações passadas, e considera o aprendizado que seus pais acumularam.

[9] Porquanto nós surgimos ontem, e nada sabemos sobre a vida; nossos dias na terra são como uma sombra ligeira.

[10] Será que eles não te ministrarão, não te ensinarão e não te exortarão? Ficarão calados e não te dirão palavras de sabedoria?

[11] Acaso brota o papiro fora do pântano? Pode o junco crescer sem água?

[12] Quando ainda está em flor e nem mesmo foi colhido, seca-se mais depressa do que qualquer tipo de erva.

[13] Assim são os caminhos de todos os que se esquecem de Deus; a esperança do ímpio se aniquilará,

[14] sua segurança será frustrada e a sua confiança será como uma teia de aranha.

[15] Ele se apóia em sua teia, mas ela não suportará; segura-se, mas ela não resistirá.

[16] Ele é como a planta bem regada, que espalha seus brotos pelo jardim à luz do sol;

[17] suas raízes se entrelaçam em torno de um monte de pedras e procura um lugar entre as rochas.

[18] Contudo, quando é arrancada do seu lugar, este a rejeita e afirma: 'Nunca te vi!'

[19] E chega ao fim a alegria do seu caminho, é o final da vida sobre a terra, e outras plantas brotam do solo em seu lugar.

[8]Khawuphononongе ulande imbali yemihla yamandulo; phicotha ufunde kumava amanyange.

[9]Kaloku thina singabayizolo, asazi nto, nemihla yethu emhlabeni idlula njengesithunzi.

[10]Ke bona baya kukululeka, bathethe nawe; ewe, bangakuphokozela kuloo vimba wolwazi lwabo, bathi:

[11]'Ngaba ingaphuma na imizí apho kungekho mgxobhozo? Uthi ingakhula ingcongolo apho kungekho manzi?

[12]Zithi zingekalungeli kukhiwa, zimbatshe kuqala kunezinye izityalo.'

[13]Iba njalo indlela yabo bonke abamlibalayo uThixo; ewe, ithemba lâbo bangamnquliyo uThixo liyadaka.

[14]Kaloku bona bangqiyama ngentambo yesigcawu, lisuke ke elo themba labo linqamke.

[15]Bayama ngendlu yesigcawu, ibe ke yona ingaqinanga; babambelela kuyo ngoku yona igqashu-gqashu.

[16]Bahluma okwesityalo esinamanzi esibethwa yimitha yelanga, sona esinwenwa siphinyele egadini.

[17]Iingcambu zaso zibhijela amatye, zibambelele kuwo.

[18]Phofu ke uthi wakusincothula, kungabi sabonakala ukuba sasikhe sakho.

[19]Uyabona, injalo indlela yokukhula kwaso: indawo yaso ithathwa sesinye.

[20] Entretanto, certamente, Deus não rejeitará o justo e o correto, nem dará apoio àqueles que praticam o que é mal.

[21] Ele ainda encherá a tua boca de riso, e os teus lábios de louvor.

[22] Os que te odeiam, teus inimigos, terão que se vestir de vergonha, e as casas dos ímpios serão totalmente destruídas.

[20]“Ewe, uThixo akamlahli umntu othembekileyo, kodwa akangeke azomeleze izandla zabenzi bokubi.

[21]Ngoko ke úya kulubuyisela uncumo emlonyeni wakho, nemilebe yakho ibobotheke yimincili.

[22]Ke bona abakuthiyileyo baya kwambathwa lihlazo; kanti ke yona imizi yabakhohlakeleyo iya kubhanga.”

Jó 9

Jó confessa a justiça de Deus e pede alívio para a sua miséria

[1] Jó tomou a palavra e declarou:

[2] “Na verdade sei muito bem que tudo isso é verdade; contudo, pode o mortal ser justo diante de Deus?

[3] Ainda que desejasse questionar a Deus, não conseguiria reunir argumentos plausíveis nem uma vez em mil tentativas.

[4] Ora, Deus é verdadeiramente sábio de coração e poderoso em forças; quem já debateu com ele e ficou em paz?

[5] Ele é o que, de fato, transporta montanhas sem que elas nem mesmo percebam. E em sua ira as coloca de cabeça para baixo em um instante.

[6] Deus é quem sacode a terra e a tira do lugar, e faz estremecer todos os seus fundamentos.

[7] Dá ordens ao sol, e ele deixa de brilhar; ele veda e esconde a luz das estrelas.

[8] Só Deus é capaz de estender o próprio universo, e pode caminhar sobre as ondas do mar.

UYobi 9

UYobi: UThixo sisilumko esibalasele ngamandla

[1]Ke uYobi waphendula wathi:

[2]“Ewe, ndiyazi ukuba kunjalo; kambe ke umntu angaphumelela njani xa emi enkundleni noThixo?

[3]Noba ungade uzimisele ukuxoxa, awungebi nako ukuphendula nomnye kwiwaka lemibuzo yakhe.

[4]Kaloku yena sisilumko esibalaseleyo ngamandla; akukho mntu unokumelana naye aze aphumelele.

[5]Kaloku yena neentaba ezi usuka azisiphule zingazi zona; ewe, ngaloo ngqumbo yakhe usuka azibhukuqe.

[6]Yena nomhlaba lo uyawugungxula, neentsika zawo zitsho ziqhaqhazele.

[7]Nelanga uthetha nalo litsho lingaphumi, ke zona iinkwenkwezi uzigubungela zitsho zingaveli.

[8]Nguye owawatwabululayo amazulu, waza wandolosa phezu kwawo amaza olwandle.

[9] Ele é o Criador de todos os grupamentos estelares: a Ursa, o Órion, as Plêiades e as magníficas constelações do sul;

[10] Deus é quem realiza portentosos feitos, maravilhas que não se pode contar.

[11] Ele passa perto de mim, mas não o consigo visualizar, vai passando adiante, mas sequer o percebo.

[12] Com um gesto ele apanha a presa que deseja; quem pode impedi-lo? Quem lhe questionará: 'Por que estás fazendo isso?'

[13] Deus não refreia a sua ira; até o monstro do caos e do mar, o séquito de Raabe, curvou-se em rendição diante dos seus pés;

[14] quanto menos poderei eu replicar-lhe. Como poderei questioná-lo ou encontrar razão para com ele argumentar?

[15] Embora inocente, eu jamais teria o direito de contestá-lo; tenho que reconhecer quem sou e rogar misericórdia ao meu Juiz!

[16] Ainda que me fosse possível convocá-lo ao tribunal, e ele se apresentasse, mesmo assim não acredito que isso o faria dar ouvidos ao meu caso.

[17] Deus me esmaga como uma tempestade, porquanto esse é seu propósito, e sem que eu lhe dê motivo aumenta as minhas feridas.

[18] Ele não me deixa nem respirar e enche de amargura a minha vida.

[19] Deveria eu recorrer à força? Nem pensar, ele é a força. Ao tribunal? Quem o intimaria?

[9]Nguye umenzi weendidi zeenkwenkwezi, oozibhere noomakroza, isilimela nomthala wasezantsi.

[10]Yena ngumenzi wezinto ezinkulu ezingaphicothekiyo; kanti nemiqondiso yakhe ayinakubalwa.

[11]Nokuba selegqitha ngakum andinako ukumbona; uthi tshe ndingaqondanga mna.

[12]Khona selengade athathe into, ngubani ongamnqandayo? Akekho nongabuzayo athi: 'Wenza ntoni ke?'

[13]Kaloku uThixo akabuyi ngamva ngengqumbo yakhe; neentshaba zakhe ezazithelela uRahabhi isilo saselwandle wazinyhasha.

[14]"Bendingubani ke mna ukuba ndingade ndiphendulane naye? Khona, ndingawazuza phi amazwi okuxoxa naye?

[15]Nditsho sendimsulwa, andingeze ndamxoxisa; nto endingayenzayo kukuzibika ndimbongoze uMgwebi wam.

[16]Nokuba sendizibika kuye, naxa angade andiphendule, anditsho ukuba angakuva ukuzithethelela kwam.

[17]Kaloku yena undintlitha ngenzwinini yesaqhwithi, anditsho imivumbo ixananaze ngaphandle kwesizathu.

[18]Akandiniki neli lokukhok' umoya ithuba, koko unditsho ndanengcwangu.

[19]Xa kuthethwa ngamandla, nguye onawo; xa kuthethwa ngobulungisa, nguye onokundimangalela."

UYobi: Andinabala, kodwa andizibaleli ntweni

[20] Sou inocente e sincero, mas as minhas palavras me condenariam e me declarariam culpado.

[21] Sim, sou inocente, mas não considero a mim mesmo; desprezo a minha vida.

[22] Do meu ponto de vista, tudo ocorre sobre um mesmo plano: ele destrói tanto o íntegro como o ímpio.

[23] Quando o açoite mata de repente, ele zomba da calamidade dos inocentes.

[24] Deus entregou o mundo nas mãos dos malignos e cobriu os olhos dos juízes com uma venda de trevas. Ora, se não é Deus quem faz isso, quem é então?

[25] Os meus dias correm mais depressa do que um atleta; eles fogem sem ter vislumbrado o bem e a felicidade.

[26] Passam como balsas de junco, como a águia que se lança sobre a presa.

[27] Se eu determinar: 'Vou esquecer as minhas lamentações, vou mudar o meu modo de ser e o meu semblante: vou sorrir.

[28] Ainda assim sinto pavor de todas as minhas dores; pois tenho certeza de que não serei considerado inocente e idôneo.

[29] Sendo assim, já que a minha condenação é inevitável, por que me esforçar em vão?

[30] Mesmo que eu me lavasse com água de neve e purificasse minhas mãos com sabão de lavadeira,

[31] ainda assim me afundarás no fosso, e até minhas próprias roupas sentirão nojo de mim.

[20]"Ndimsulwa ndinjalo, kodwa ndigwetywa kwangumlomo wam. Nangona ndingade ndibe andinabala, yena angandifumana ndinetyala.

[21]Ewe, andinabala, kodwa andizibaleli ntweni; nto nje ndikruqukile bobu bomi.

[22]Kuba kaloku kuyafana; yiyo loo nto ke ndithi: 'Yena utshabalalisa bonke, abamsulwa ngokunjalo nezaphula-mthetho.'

[23]Isithwakumbe sithi sakuzisa ukufa yena aphoxise ngaso isibetho sabamsulwa.

[24]Ihlabathi lisezandleni zezikhohlakali; ke bona abagwebi ubamfamekisile. Xa ingenguye ke uthi ngaba ngubani?

[25]"Imihla yam ikhawuleza ngaphezu kwembaleki; ewe, ibaleka gqitha, ibe ke ayinayo nanto incomekayo.

[26]Iphala njengesikhephe seengcongolo; ikhawuleza ngathi lukhozi lurhiwula ixhoba.

[27]Noba sendisithi: 'Hayi, ngoku ndiza kukhe ndizingcwabe izikhalazo zam, ndibobotheke ndihlale ndizonwabele,'

[28]ndisuka ndoyike ndibe namanwele, kuba ndiyaqonda ukuba wena akungeke undibalele njengongenatyala.

[29]Ke, ukuba ndiza kugwetywa, ngani ukuba ndibe sazabalaza?

[30]Noba ndingade ndihlambe ngekhephu, izandla zam ndizicoce ngesephu,

[31]wena uya kundiphosa emhadini, nditsho ndibe rhono-rhono, kwankqu neempahla zam zingandamkeli.

[32] De fato, ele não é ser humano como eu, para que me seja possível rebater os seus argumentos, e nos enfrentemos em juízo.
[33] Não existe um árbitro que tenha o poder de decidir essa questão entre nós dois.
[34] Portanto, ó meu Deus, retire de sobre a minha pessoa o teu castigo. Não me apavores com os teus atos terríveis;

[35] então eu ergueria a voz sem medo, mas não é esse o caso!'"

[32]"Ebengumntu na kakade ukuba ndibe ndiphendulane naye? Hayi, bendingeze ndime naye enkundleni!
[33]Kaloku phakathi kwethu sobabini akukho mlamli unokusahlula ngezandla zakhe.
[34]Hayi bo! Khawumke noswazi lwakho khon' ukuze ndingabi sankwantya ndisoyika isohlwayo.
[35]Xa kunjalo ke ndingatsho ndithethe ndingenaloyiko, kodwa ngale ndlela izinto zimi ngayo ngoku andinako."

Jó 10

[1] "Essa minha vida só me proporciona desgosto e cansaço; por isso extravasarei as minhas queixas, desabafarei as minhas mágoas.
[2] Declararei a Deus: 'Não me condenes assim; revela-me, rogo-te, que acusações tens contra a minha pessoa!
[3] Tens alguma satisfação em oprimir-me; afinal tu mesmo me criaste, como podes rejeitar a obra de tuas mãos, enquanto sorris com aprovação para o plano dos ímpios?
[4] Porventura tens olhos de carne? Enxergas como os mortais?
[5] Os teus dias são como o de um frágil ser humano? O tempo e os dias para ti passam do mesmo modo que passam para o homem?
[6] Podes investigar se cometi alguma iniquidade, vasculha a minha vida e avalia quais são os meus pecados,
[7] ainda que já saibas, com certeza, que não sou ímpio e que ninguém pode me livrar das tuas mãos.

UYobi 10

UYobi: Khawundiyeke ndiphumle

[1]"Kwowu, ndidikiwe bobu bomi! Ngoko ke ndosuka ndithethe utyhatyhiwe, isikhalo sam ndisitsho ndibindekile!

[2]Ewe, ndiya kuthetha naye ndithi: 'Ngani ukuba undigwebe, Thixo? Hayi kaloku, ndazise ityala kuqala.

[3]Ikunceda ntoni wena ingcinezelo enje, ukutshabalalisa umsebenzi wezandla zakho, uze uthelele amacebo ezikhohlakali?

[4]Ngaba amehlo akho afana nawabantu na? Ngaba nawe ubona njengomntu?

[5]Ngaba imihla yakho ifana neyomntu? Ngaba iminyaka yakho ifana neyakhe na?

[6]Ngani ke ukuba ugqogqe iziphoso zam, uzingelane nesono sam?

[7]Kaloku uyazi ukuba andinatyala, ibe ke futhi uyazi ukuba akekho ongandihlangulayo esandleni sakho.

[8] De fato, foram as tuas mãos que me teceram e me deram forma. E será possível que agora, essas mesmas mãos, se voltam contra mim a fim de me destruir?

[8]“ ‘Ndenziwa nguwe nje, ndabunjwa zizandla zakho, ngaba ngoku uza kujika unditshabalalise?

[9] Ó Deus, lembra-te de que do barro me moldaste! E agora simplesmente desejas triturar-me e devolver-me ao pó?

[9]Khumbula kaloku ukuba wandibumba njengodongwe! Ngaba ke ngoku uza kundivuthulula ndibe luthuli?

[10] Não me derramaste como leite e não me coalhaste como queijo?

[10]Andithi na kaloku wandithulula njengobisi, ndaza ke ndakhanywa njengengqaka?

[11] De pele e carne me revestiste, de ossos e nervos me teceste.

[11]Kaloku wandibumba ngamathambo nemisipha, wandinxibisa inyama, wandambathisa ufele.

[12] Tens me concedido vida e misericórdia, e a tua providência tem conservado o meu espírito.

[12]Wandinika ubomi, wandambesa ngezibele; undinonophele ke wandixhasa.

[13] Entretanto, algo escondeste em teu coração, e agora sei o que pensavas.

[13]“ ‘Kambe ke zonke ezi zinto undifihlele, kuba le ibiyinjongo yakho kakade.

[14] Se eu errasse e pecasse, estarias me observando e não permitirias que eu escapasse sem a devida punição por qualquer mal que tivesse praticado.

[14]Kaloku wena ube ugade ukuba ndone ukuze undigwebe ngenxa yesono sam.

[15] Se eu fosse culpado, ai de mim! Mesmo sendo inocente, não posso sequer erguer a cabeça, pois estou mergulhado na vergonha da minha desgraça.

[15]Ukuba ke ndisisikhohlakali kunyembelekile kum! Kambe ke noba ndililungisa andinaqhayiya, kuba ndibandezelekile, ndambethwe lihlazo.

[16] Se a minha cabeça se exaltar, tu me caças como um leão feroz; de novo ages com poder contra mim.

[16]Noba ndingade ndiqholose wena ungandizingela njengengonyama, uphinde wenze kum ngokwaloo mandla akho amangalisayo.

[17] Trazes novas testemunhas contra minha pessoa e aumentas a tua ira ao me corrigir; males e lutas, os teus exércitos, me assolam.

[17]Usoloko unamangqina andintywiliselayo, ibe ke nengqumbo yakho iyakhula ngakum, kuba uyaphindelela ukundihlasela.

[18] Sendo assim, por que me fizeste deixar o ventre materno? Ah! Se eu tivesse simplesmente morrido antes que alguma pessoa me tivesse visto!

[18]“ ‘Kwakutheni ukuze undiyeke ndizalwe? Awu! Akwaba ndandife ndingekalanywa naliliso eli!

[19] Seria como se eu jamais tivesse existido; e do ventre de minha mãe teria sido levado diretamente para a sepultura.

[20] Não é efêmera a minha vida? Pára, abandona-me, para que eu possa ter um momento de paz e contentamento,

[21] antes que eu vá para o lugar do qual não é mais possível retornar, para a terra do desconhecido, do silêncio e das densas sombras,

[22] terra de trevas fechadas como a noite mais escura, lugar do caos absoluto, onde a própria luz é como a escuridão eterna".

Jó 11

Zofar repreende Jó, mostra a sabedoria de Deus e exorta ao arrependimento

[1] Então Tsofar, Zofar, o naamatita, abriu a boca e declarou a Jó:

[2] "Ficarão sem uma resposta todo esse desabafo? Concordaremos com o que esse tagarela está dizendo?

[3] Porventura tuas conversas tolas calarão os homens? Ficarás zombando sem que ninguém te passe uma descompostura?

[4] Porquanto exclamas: 'A minha doutrina é perfeita, e estou puro diante dos teus estatutos.

[5] Ah! Se Deus falasse, se abrisse os lábios contra ti,

[6] e te revelasse os segredos da sabedoria, pois ela tem dois lados. Saiba que Deus permite que alguns dos seus pecados sejam esquecidos.

[19]Ngoku ngendifana nongazange abekho, kuba ngendavela nje ndasiwa engcwabeni.

[20]Ewe, bufutshane kambe ubomi bam! Hayi khona, khawundiyeke ndikhe ndiphumle kancinane!

[21]Kaloku ngoku ndiyahamba, ibe ke soze ndibuye; ndiya kwilizwe lethunzi nobumnyama.

[22]Ewe, ndiya kwilizwe lobumnyama namathunzi, nelesithokothoko sobumnyama, apho ukukhanya kufana nobumnyama.' "

UYobi 11

UZofare: Yolulela izandla kuThixo

[1]Ke uZofare waseNama waphendula wathi:

[2]"Uthi kungathi cwaka, ingaphendulwa le nyambalala yamazwi akho? Ucinga ukuba ukulavuza okunje kungamthethelela umntu?

[3]Uthi oku kubhobhoza kwakho kuya kusenza sithi cwaka? Uthi wena ngoku uphoxisa thina masikuyeke singakuphoxi?

[4]Andithi na kaloku wena uthi imfundiso yakho imsulwa, nawe ngokwakho awunabala phambi koThixo?

[5]Awu, akwaba uThixo ebengadandulukayo athethe nawe,

[6]akhe akubonise iingontsi-ngontsi zobulumko! Kuba kambe kunzulu ukwazi kwakhe! Yiqonde into yokuba esi sohlwayo akunike sona uThixo siyalaba-laba kubutyala bakho.

[7] Poderás descobrir as profundezas de Deus? Poderás desvendar a perfeição do Todo-Poderoso?

[8] A sabedoria de Deus é mais alta que os céus. Que poderás fazer? Ela é mais profunda que o Sheol, as profundezas da morte, da sepultura e do pó que volta a terra.

[9] Ela é mais extensa que a terra, e mais larga que o mar.

[10] Se ele passar e prender alguém, e levá-lo a julgamento, quem poderá impedir?

[11] Pois ele conhece bem os homens falsos e enganadores, e reconhece a iniquidade logo que passa os olhos sobre os seres humanos.

[12] Mas o insensato só se tornará sábio quando a cria do jumento selvagem nascer dócil e manso.

[13] Se, contudo, preparares o coração e estenderes as mãos para ele;

[14] se lançares a maldade que há na tua mão para longe de ti, e não permitires que a perversidade habite nas tuas tendas;

[15] então levantarás a tua face sem culpa e amargura, estarás firme e não temerás mal algum.

[16] Esquecerás, pois, dos teus muitos sofrimentos e haverá de recordá-los apenas como águas passadas.

[17] A tua vida ressurgirá como o meio-dia, a escuridão se transformará em uma nova e reluzente manhã.

[7]“Uthi ungahle uziqonde iingontsi-ngontsi zobunzulu bukaThixo, ngokunjalo nobungakanani bamandla kaSomandla?

[8]Hayi bo, úngaphaya kwakho, namazulu uwakrobele! Ewe, yena ubona nelabafileyo, ube ke wena awazi nto!

[9]UThixo ulivelele ihlabathi, kanti ke ulukrobele nolwandle!

[10]Ukuba ke usuka akubambe edlula, aze akuse ematyaleni, ngubani ongamnqandayo?

[11]Kaloku yena uyabazi oongantweni; ke, xa ebona ububi ùthi makangenzi nto?

[12]Ke zona iziyatha zoza zibe nengqondo mhla iqwarha lazala umntu!

[13]“Ukuba uthe wayisebenzisa ingqondo yakho, unganako ukolulela izandla kuThixo.

[14]Ukuba uphethe ububi yahlukana nabo, nezinto zenkohlakalo mazingafumaneki nasemzini wakho.

[15]Ukuba unokwenjenjalo ke unganako ukuma ungenaxhala nganto, ume ngxishi ungenadyudyu.

[16]Ngako ke ungatsho uyilibale yonke le mbandezelo; ewe, ilibaleke njengeempuphuma zomlambo oseluwuthile.

[17]Ke bona ubomi bakho buya kutsho buqaqambe ngathi kusemin' emaqanda. Le meko yakho yokubandezeleka ijike ibe yeginyis' amathe, oku komsobomvu.

[18] Terás confiança em teu coração, porque agora há esperança; vivias perturbado, mas agora deitar-te-ás seguro e tranquilo.
[19] Repousarás sem sobressaltos e ninguém te amedrontará; muitos buscarão tua face para pedir o teu favor.

[20] Porém, os olhos do ímpio se turvam, seu refúgio malogra, sua esperança é um alento que se extingue".

[18]Uya kutsho uzithembe, kuba kaloku nekamva liqaqambile. Ngenene uya kuhlala ukhuselekile ungenaxhala.

[19]Uya kuthi zava ungenadyudyu, bathi nabaninzi bacele uncedo kuwe.

[20]Ke zona izikhohlakali ziya kucinywa amehlo, abe ke namathuba okuphuncula engasekho, kuphela kwanto iseleyo kukuqhawuka."

Jó 12

Jó defende-se das acusações de seus amigos

[1] Então Jó ponderou diante de seus amigos:
[2] "Sem dúvida vós sois a voz do povo; e em vós reside toda o saber, penso que quando morrerem a própria Sabedoria desaparecerá!
[3] Entretanto, não sou desprovido de inteligência e tenho a mesma capacidade de pensar e refletir que habita em vós.
[4] Hoje, contudo, tornei-me motivo de zombaria para os meus próprios amigos, logo eu, que andava em comunhão com Deus, e ele dialogava comigo: o sincero, justo e íntegro virou um mero objeto de riso!
[5] Quem está seguro menospreza a desgraça, que é o destino daqueles cujos pés tropeçaram.
[6] Nas tendas dos roubadores e criminosos não há perturbação, e aqueles que desafiam a Deus se sentem seguros, aqueles que carregam o seu próprio deus em suas mãos!
[7] No entanto, questiona os animais, e eles te ensinarão; pergunta às aves do céu, e elas de esclarecerão;

UYobi 12

UYobi: Ngubani ongàzaziyo ezi zinto?

[1]Ke uYobi waphendula wathi:

[2]"Inene, ningabona bantu; ibe ke nobulumko buya kufa nani!

[3]Kambe ke nam ndinengqondo njengani; anindidluli nganto. Kakade ke nithi ngubani ongàzaziyo ezi zinto?
[4]"Mna ndiyakhala kuThixo, aze andiphendule; kodwa ngoku sendiyintlekisa nakwizihlobo zam – ewe, ilungisa lomfo ongenabala, kambe ke namhlanje ndisisigculelo!

[5]Oseshweni uyadelwa ngabathe zava; ogxadazelayo uyakhatywa!

[6]Kukho ulonwabo ezindlwini zezikrelemnqa; abamqumbisayo uThixo bakhuselekile; nditsho abo bacingayo ukuba uThixo usezandleni zabo.
[7]"Kodwa ke khanibuze nakwiinyamakazi, ziya kunifundisa; nibuze nasezintakeni, zinixelele.

[8] ou fala com a própria terra, e ela te ministrará; até os peixes do mar te instruirão.

[9] Qual dentre todos eles não tem conhecimento que a mão de Yahweh, o SENHOR, criou tudo o que há?

[10] Na sua mão repousa a vida de todo ser vivo, e o espírito de todo gênero humano.

[11] Por acaso o ouvido não prova as palavras, como o paladar avalia o sabor dos alimentos?

[12] Com os anciãos e mais experientes está a sabedoria, e na idade avançada, a compreensão e o entendimento.

[13] Mas Deus, de fato, possui toda a Sabedoria e poder; a ele pertencem o conselho e o entendimento.

[14] O que Deus destrói não há como se possa reconstruir; quem ele aprisiona, ninguém consegue libertar.

[15] Se ele retém as águas, predomina a seca; se ele libera as muitas águas, elas devastam a terra.

[16] A Deus pertencem toda a força e o saber; tanto o enganado quanto o enganador a ele pertencem!

[17] Ele dispensa os conselheiros e faz os juízes de tolos.

[18] Liberta-nos das algemas postas pelos reis, e lhes amarra uma corda à cintura.

[8]Khaningqawe ulwazi nakwizilo zomhlaba, ziya kuninika; ninkinkqe ukuqonda nasezintlanzini elwandle, ziya kuniphokozela.

[9]Phakathi kwazo akukho ungaqondiyo ukuba le nto yenziwe nguNdikhoyo.

[10]Kaloku zonke izinto eziphilayo zisesandleni sakhe, nobomi boluntu lonke buxhomekeke kuye.

[11]Kaloku kwanjengokuba umlomo usiva ubunjani bokutya, nendlebe ke iyawaphicotha amazwi.

[12]Ubulumko buyafumaneka kwiingwevu; ke bona ubudala buza namava.

[13]“Kanti ke yena uThixo unobulumko namandla, amacebo nengqiqo.

[14]Into ayiqhaqhileyo akukho mntu unokubuya ayakhe; ngokunjalo nomntu amvaleleyo akukho ungamvulelayo.

[15]UThixo akuwavalela amanzi kuyabalela; kanti ke akuwavulela kutsho kube ziimpuphuma.

[16]Ukomelela noloyiso lolwakhe, kanti ke nabakhohlisi ngokunjalo nabakhohliswa basesandleni sakhe.

[17]Yena amaphakathi uwatsho ancitheke, nabagwebi abatsho babe ziimpanga-mpanga.

[18]Uyawakhulula amakhamandela aqhotyoshwe ngookumkani, aze bona ngokwabo abanxibise umbhinqo wamabanjwa.

[19] Despoja os sacerdotes, abate e humilha os homens que se acham em posições indestrutíveis.

[20] Silencia os lábios dos conselheiros de confiança, e retira a sabedoria dos anciãos.

[21] Derrama desprezo sobre os príncipes e solta o cinto, isto é, retira o poder, dos fortes e soberanos.

[22] Esclarece mistérios profundos das trevas, e traz à luz as mais densas sombras.

[23] Brinda as nações com grandeza, e as destrói em um momento, faz crescer os impérios e as nações, e os dispersa.

[24] Tira o entendimento dos chefes dos povos da terra e os faz perambular sem direção pelos desertos.

[25] Cambaleiar pelas trevas, sem nenhuma luz; Deus faz os grandes líderes andar como bêbados sem rumo pela terra.

Jó 13

[1] Tudo isso meus olhos observaram atentamente e meus ouvidos ouviram e compreenderam muito bem.

[2] O que sabeis eu também sei; não sou em nada inferior a vós.

[3] Entretanto prefiro dirigir-me a Shaddai, o Todo-Poderoso, quero defender-me diante de Deus.

[4] Vós, contudo, tramam ardis e mentiras, e sois todos médicos que não podem curar nem confortar ninguém.

[19]Ababingeleli ubatsho baphoxeke, aze wona amakhwahla awakhiqe.

[20]Amaciko athenjiweyo uwatsho abhibhidle; aze ayiphuthise nengqiqo yamadoda amakhulu.

[21]Amatshawe uwahlaza ngendelelo; ke zona iingwanyalala uzihlutha izixhobo.

[22]Utyhila izinto ezifihlakele ezinzulwini zobumnyama, nobona bumbonde-mbonde abujike bube kukukhanya.

[23]Uyazikhulisa izizwe, abuye azivuthulule; azithi jize ngobungangalala, abuye aziyekele zithinjwe.

[24]Iinkokheli zezizwe uzitsho zibe zizithwanga-thwanga, zifathule zibhadula enkangala.

[25]Ngoko ke ziphutha-phutha ebumnyameni, kungekho kukhanya; zigxadazele njengamanxila.

UYobi 13

[1]“Hayi kaloku, zonke ezi zinto sendikhe ndazibona ngala wam amehlo; ewe, ndizivile ngezi zam iindlebe, ndaye ke ndiziqonda.

[2]Zonke ezi zinto nizaziyo nam ndiyazazi; anindidlule nganto.

[3]Kambe ke mna okunokwam ndifuna ukuthetha noSomandla, ndiwaneke ndiwuxoxe naye lo mcimbi.

[4]Ke nina nilibele kukugquma inyaniso ngobuxoki; nifana nqwa neqithilili logqirha ongenakunyanga mntu.

[5] Ah! Antes ficásseis absolutamente calados, porquanto desse modo ainda passaríeis por sábios.
[6] Sendo assim, rogo que dai atenção agora a minha defesa e escutai os argumentos dos meus lábios.
[7] Pensais pregar em nome de Deus com reflexões e discursos fraudulentos? Com linguagem iníqua e mentirosa?
[8] Defendereis a sua pessoa? Pleiteareis e contendereis a favor de Deus?

[9] Seria bom e saudável para vós se ele vos examinasse? Poderíeis ludibriá-lo, como se consegue fazer com um ser humano?

[10] Seguramente ele vos repreenderá, se no íntimo decidirdes por agir com parcialidade.
[11] A majestade de Deus não os faz sentir respeito e temor? E não cairá sobre vós o seu pavor?
[12] As vossas lições aprendidas são como cinzas, e vossas defesas, como fortalezas de barro.

[13] Guardai silêncio, agora sou eu quem fala, venha sobre mim o que vier!

Jó confia em Deus e deseja conhecer os seus pecados

[14] Por que me destruo, como se tomasse minha própria carne entre os dentes, e coloco minha vida em perigo com as minhas próprias mãos?
[15] Deus poderá me aniquilar; mas não tenho outra saída! No entanto, defenderei minhas atitudes e meu modo de andar diante dele.
[16] Isso também será a minha salvação e o meu livramento, pois o ímpio não terá coragem de se apresentar diante dele.

[5]Akwaba beningathi cwaka; oko kuthula kwenu bekungaba bobona bulumko benu.

[6]Khaniphulaphule xa ndixoxayo, nive ukuzithethelela kwam.

[7]Nicinga ukuba ningakuThixo, nide nikhuthaze intswela-bulungisa nje? Nithi ninceda yena ngale nkohliso?
[8]Ngaba nizama ukuthatha icala ngenxa yakhe? Nifuna ukuthethela uThixo?
[9]Nithi kunganjani xa anokuthi anigoca-goce? Mhlawumbi naye nithi ningamkhohlisa ngale ndlela nibakhohlisa ngayo abantu?
[10]Inene, uya kunohlwaya, ukuba nenza isheyi ngokufihlakeleyo.
[11]Ewe, ubungangamsha bakhe buya kunirhwaqelisa, nonganyelwe kukunkwantya.
[12]Kaloku ezi zangotshe zenu zifana nelahle elinothuthu; zaye ke nezi ngxoxo zenu ziya kusumka ngathi ludongwe."

UYobi: Mandiyandlale kuThixo imeko yam

[13]"Sukan' apha! Khanindiyeke ndithethe utyhatyhiwe, yehl' ehlayo!

[14]Ngoku ndiza kuzibeka esichengeni, ubomi bam bube semngciphekweni.

[15]Noba selengade andigwinte andikhathali; kodwa ukuxoxa oku ke kona ndiza kuxoxa, ndiyandlale kuThixo imeko yam!
[16]Mhlawumbi le nto yeyona ingandisindisayo, kuba ke akukho saphula-mthetho singade sibe nokujongana naye.

[17] Ouvi, pois, com toda a atenção as minhas ponderações; chegue aos vossos ouvidos a minha voz e o meu pleito.

[18] Já preparei a minha defesa e sei que serei justificado!

[19] Quem iria debater comigo? Neste caso eu me manteria em silêncio e entregaria meu espírito.

[20] Concede-me, portanto, apenas dois pedidos; e assim me ausentarei da tua face:

[21] Afasta a tua mão de juízo para bem distante de mim, e não me assuste mais o teus assombros terríveis!

[22] Então responderei quando me convocares; ou suplicarei, e tu me responderás.

[23] Quantas iniquidades, erros, tropeços e pecados eu tenho? Revela-me a minha transgressão e o meu pecado.

[24] Por que escondes o rosto e me consideras teu adversário?

[25] És capaz de atormentar uma singela folha carregada pelo vento? Tens prazer em perseguir a palha seca?

[26] Pois escreves e fazes pesar contra mim acusações amargas e me obrigas herdar e pagar pelos erros da minha juventude;

[27] tu também acorrentas meus pés no tronco e sondas todos os meus desígnios e todas as minhas ações; traças um limite ao redor dos meus pés.

[28] Assim é o ser humano: algo podre que se deteriora, é como uma roupa carcomida e arruinada pela traça ao longo do tempo.”

[17]Khanibaz' iindlebe nindiphulaphule, niyiqwalasele ingcaciso yam.

[18]Hayi ke, ngoku sendiqule ndaligangatha; futhi ndiza kuyibeka imeko yam, ndixoxe ndiphume phambili.

[19]Ngaba ukhona na ongabambana nam? Kuba xa kunjalo ndothi cwaka ndife.

[20]“Masivumelane ngezi zinto zimbini, Thixo, ukuze ndingabi sazama kuzifihla kuwe.

[21]Sirhoxise kum isandla sakho, sahlukane nam; mandingabi sahlala ndirhwaqele ndisoyika wena.

[22]Uze uthethe, ndiya kukuphendula; okanye kuya kuthetha mna, ke wena uze undiphendule.

[23]Bungakanani na ubugwenxa bam nesono sam? Ndazise ubutyala nokona kwam.

[24]Ngani ukuba undifulathele, undithathe njengotshaba?

[25]Ngoku sowusukelisana negqabi eliphephethekayo? Uhlasela inkintshi-nkintshi yomququ?

[26]Kaloku undimangalela ngezityholo ezinzima; ude undityabeke ngobutyala bam basebuntwaneni.

[27]Iinyawo zam uzikhonkxa ngezikhuni; uyazigqala zonke iindlela zam, uzicandele umda iintende zeenyawo zam.

[28]Ngenxa yoko ndivuthuluka njengevithi; sendifana nempahla edliwe ngamanundu.”

Jó 14

Jó roga o favor de Deus por causa da brevidade e miséria da vida humana

1 "O homem nascido de mulher tem vida curta e passa por muitos desapontamentos e dificuldades.

2 É como flor que se abre vigorosa, mas logo murcha, seca e vai-se como a sombra que passa, não dura por muito tempo.

3 É nesse tipo de ser humano que teus olhos reparam? Nada sou, por que me conduzes ao tribunal para ser julgado?

4 Quem tem o poder de extrair algo puro e bom da impureza e da impiedade? Ora, nenhum ser humano, com certeza!

5 Tu já avaliaste quantos meses e dias cada ser humano vai viver; o tempo de vida de cada pessoa já está decidido, e não há ninguém que possa mudar isso!

6 Portanto, desvia o teu olhar de nossas pessoas e abandona-nos ao nosso próprio destino, como chega ao fim o dia de um trabalhador.

7 Para uma árvore há mais esperança; pois se for cortada, ainda é possível que volte a brotar e torne a viver.

8 Ainda que suas raízes envelheçam, e o seu tronco morra no chão,

9 basta um pouco de água, e ela se revitalizará e produzirá novos brotos e ramos como se fosse uma planta nova.

10 Todavia, quando um ser humano morre, tudo se encerra; morremos e nosso corpo se desfaz; logo depois do último suspiro nessa terra, para onde vai o nosso espírito?

UYobi 14

UYobi: Mifutshane imihla yomntu, izele ziinkathazo

1"Hayi kambe umntu, intw' ezelwe ngumfazi! Mifutshane imihla yakhe; izele ziinkathazo.

2Uvela njengentyatyambo, akhawuleze abune; uthi tshe oku kwesithunzi, aphel' emehlweni.

3Uthi onjalo ke ungamgqala, ude ume naye enkundleni umgwebe?

4Ngaba ukhona na ongakhupha into ehlambulukileyo kwengahlambulukanga? Unotshe, akukho namnye!

5Kaloku imihla yakhe seyimisiwe, nenani leenyanga zakhe liyaziwa nguwe; kananjalo ke ummisele umda angenakuwutsiba.

6Somyeka, ungabi samjonga, akhe aphumle njengomqeshwa ogqibe umsebenzi wemini.

7"Umthi xa ugawuliwe lisekhona ithemba ngawo; awunakufa kuphele, usenokubuya uhlume amagqabi.

8Noba ingakhula ibe ndala ingcambu yawo emhlabeni nesiphunzi sawo sife apho simile khona,

9uthi nje ukuba ukhe wasezela ukunyepha kwamanzi, utsho uhlume, uvelise amasebe njengegatyana lomthi.

10Ukanti ke yena umntu uyafa, iphel' intw' ibithethwa. Ewe, uyafa aphel' emehlweni.

[11] Assim como a água do mar evapora e os ribeiros deixam de fluir e secam,
[12] assim o ser humano se deixa para morrer e não mais se levantará; até quando os céus já não existirem, os homens não acordarão e nada os despertará do seu descanso mortal.
[13] Ah! Se tu me escondesses no Sheol, na sepultura, no pó da terra, e me ocultasses até que a tua ira se desvanecesse. Se tão somente me impusesses um prazo e depois te lembrasses de mim!
[14] Mas será possível que alguém que morra volte a essa vida depois de ter morrido? Quanto a mim, esperarei por dias melhores, até que seja liberado das minhas lutas e do meu árduo labor.
[15] No dia da libertação me chamarás e eu te responderei; e terás grande prazer na minha pessoa, pois me criaste.
[16] Cuidarás de todos os meus passos a fim de que eu não erre nem peque contra ti; não mais ficarás apenas vigiando o meu pecado.
[17] A minha transgressão e as minhas faltas serão todas recolhidas e lacradas em um saco de lixo; e toda a minha iniquidade será descartada.
[18] Contudo, do mesmo modo como as montanhas vão se desmoronando, e as rochas são arrancadas de seus lugares;
[19] assim como as águas desgastam e carregam as pedras, e as correntezas transportam a terra de um ponto a outro, assim destróis a esperança do ser humano.
[20] Tu o subjugas de uma vez por todas, e ele se vai para sempre; mudas a sua fisionomia quando o despedes deste mundo.

[11]Njengokuba amanzi echibi ephela, namanzi omlambo esitsha ome;

[12]nomntu ke unjalo, ulala phantsi angabuyi avuke. Ibe ke soze aphinde avuke, okanye ashukunyiswe kobo buthongo bakhe, ade amazulu angabi sabikho.

[13]“Akwaba ubungandifihla kwelo labafileyo ide ithothe ingqumbo yakho, uze ke undimisele ixesha oya kundikhumbula ngalo.

[14]Ukuba ngaba ke umntu ufile, angabuya aphile? Xa kunjalo ngendilinda yonke imihla yokubulaleka kwam, lide lifike ixesha lokukhululeka kwam.

[15]Ngewundibiza, ndisabele ke mna, kuba wena ukulangazelela ukubona umsebenzi wezandla zakho.

[16]Ngewuzibala izinyathelo zam, ungaziqwalaseli noko iziphoso zam.

[17]Zonke izikreqo zam ziya kuvalelwa engxoweni, ubugqume ubugwenxa bam.

[18-19]Kodwa wena uyalitshitshisa ithemba lomntu, oku kweentaba ezidilikayo zivuthuluke, oku kwamawa asunduziweyo angabi sabakho, nditsho oku kwamanzi awadlayo amatye, okwezandyondyo zemvula eziwukhukulisayo umhlaba.

[20]Umntu umvikiva kube kanye, angabi sabikho; uguqula ubuso bakhe, umgxothe.

[21] Se seus filhos são homenageados, ele não fica sabendo; se são humilhados ou caem em desgraça, ele nada vê nem percebe.

[22] Ele sente apenas as dores do seu próprio corpo; só consegue lamentar por si mesmo!”

[21]Oonyana bakhe noba sebewongekile, akaqondi yena; ukanti akaboni naxa sebehlazeka.

[22]Kaloku into emdlayo yintlungu yesiqu sakhe, abe ezililela yena buqu.”

Jó 15

Elifaz acusa Jó de impiedade

[1] Diante dessas palavras, Elifaz, o temanita, respondeu:

[2] “Porventura, proferirá o sábio vã sabedoria, ou encherá seu estômago de ar quente como os ventos que sopram do Oriente?

[3] Levantando argumentos que são absolutamente inúteis, ou discursos vazios e sem valor?

[4] Na verdade tu destróis a reverência e impedes a reflexão diante de Deus.

[5] Porquanto permitiste à malignidade usar a tua boca, quando preferiste a linguagem dos astutos.

[6] A tua própria boca te condena, e não eu; são os teus lábios que testemunham contra ti.

[7] És tu, porventura, nascido primeiro que Adão? Ou foste formado antes que todos os montes e colinas?

[8] Ou apenas a ti fora revelado os princípios secretos de Deus? E só a ti pertencem o conhecimento e a sabedoria?

[9] Que sabes tu, que não saibamos nós? Que compreendes, que nós não possamos entender?

[10] Cabeças com cabelos brancos e homens já anciãos há entre nós, muito mais avançados

UYobi 15

UElifazi: Kutheni ukuba uvukelane noThixo?

[1]Ke uElifazi waseTeman waphendula wathi:

[2]“Uthi isilumko singaze sitsho ngembudede enje? Singathi kanti sihlalele ukubhodla umoya wasempuma?

[3]Wawusibona phi isilumko esibhibhidla kanje xa sixoxayo, esisuka sizithethelele ngamazwi ayimfeketho njengawe lo?

[4]Wena ngoku uyakuphuthisa ukuthobela uThixo; ngale ndlela yakho akukho bani ongaphinda anxulumane noThixo.

[5]Ukuthetha kwakho sekulawulwa bubugwenxa; ulwimi lwakho luvuza amaqhinga.

[6]Wena awugwetywa nandim, koko ngumlomo wakho, ngamazwi akho kanye akugwebayo.

[7]“Nguwe na umntu wokuqala ukuzalwa? Ngaba wavela kungekabikho neentaba ezi?

[8]Ngaba wawukho kwigqugula likaThixo? Ngani ke ukuba ububange kangaka ubulumko?

[9]Zinto zini ezi zaziwa nguwe wedwa singazaziyo thina? Ngaba kukho izinto eziyintsonkotha ezicace kuwe wedwa?

[10]Thina sineengwevu namadoda amakhulu, amadala nditsho nakuyihlo.

em dias que teu pai e todos concordam conosco.

11 Estás, portanto, fazendo pouco caso das consolações de Deus, e das amáveis e fraternas palavras que a ti dispensamos?1

11Kutheni ukuba unganeli yintuthuzelo kaThixo, okanye ngala mazwi sikubongoza ngawo?

12 Por que te deixas conduzir pelo sentimento, e por que esse brilho de revolta em teus olhos?

12Yintoni le ikulahlekisa kangaka? Atshawuziswa yintoni amehlo akho?

13 Porquanto agindo assim é contra Deus que diriges a tua ira e despeja da tua boca essas palavras!

13Kutheni ukuba uvukelane noThixo, ude uthethe amazwi anje?

14 Que é o ser humano, para que seja puro? E o que nasce de mulher, para ser justo?

14“Nguwuphi umntu ongade abe nyulu, ingubani kwabazelweyo ngabafazi ongafumaneka engenatyala?

15 Eis que Deus não deposita sua confiança nem nos seus santos; nem os próprios céus são puros aos seus olhos,

15Khumbula kaloku ukuba uThixo akathembanga nditsho neengcwele zakhe zasezulwini; ewe, nezulu ngokwalo alikho nyulu emehlweni akhe.

16 quanto menos o homem, que é impuro e corrupto, e que bebe iniquidade como água!

16Ubeka phi ke yena umntu eyinto elisikizi ephuthileyo nje? Kuxa engubani esela uluchwe lobubi nje oku kwamanzi?

Elifaz mostra que o ímpio é atormentado nesta vida

17 Portanto, escuta-me, e eu te revelarei e explicarei tudo o que tenho observado;

17“Khawuphulaphule ndikhe ndikuxelele, ndikwazise izinto endizibonileyo.

18 o que os sábios proclamam, sem ocultar tudo quanto receberam dos seus pais,

18Nditsho ezo zaxelwayo zizilumko njengoko zona zingafihlelwanga ngamanyange.

19 a quem foi concedida a terra, e a mais ninguém; nenhum estrangeiro passou entre eles:

19Kaloku wona eli lizwe alinikwa laba lelawo odwa kungekho maveza-ndlebe.

20 O ímpio sofre aflições durante toda a vida, como também o homem maldoso, nos poucos anos que lhe são reservados.

20Isikhohlakali sihlala sibhinyalaza singcungcutheka yonke imihla yaso; ewe, bunjalo ke bonke ubomi bomntu ongqwabalala!

21 Vozes de terror e angústia enchem os seus ouvidos, e, quando imagina que está seguro, criminosos o atacam.

21Kaloku sisoloko sisothuswa yingxolo esezindlebeni zaso; size sihlaselwe xa sizicingela ukuba sikhuselekile.

22 Ele não tem qualquer esperança de escapar das trevas; sente-se destinado ao fio da espada.

23 Aves de rapina já rondam sobre sua cabeça aguardando a hora certa para devorar seu corpo; em seu íntimo ele sabe que o terrível dia da escuridão está perto.

24 A angústia e o tormento o aterrorizam e controlam seus pensamentos, como um rei em contínua preparação para a batalha.

25 Porquanto estendeu a mão contra Deus e foi arrogante para com Shaddai, o Todo-Poderoso;

26 desafiando ao SENHOR com arrogância e com pesado e resistente escudo de guerra.

27 Apesar de ter o rosto coberto de gordura e a cintura estufada de carne,

28 habitará em cidades prestes a serem completamente destruídas, em casas fortes, mas prestes a cair aos pedaços.

29 Jamais conseguirá ser rico; sua prosperidade não durará, e os seus bens não se propagarão pela terra.

30 Não poderá escapar das trevas; o fogo chamuscará os seus renovos, e o sopro da boca de Deus o arrebentará.

31 Que ele não deposite sua confiança em seu porte grandioso nem em sua força, pois tudo isso é ilusão, e a sua recompensa igualmente será vã.

32 Este pagamento virá antes do tempo, e os seus ramos não florescerão.

33 Sacudirá as suas uvas ainda verdes, como faz com uma videira, e deixará cair a sua flor como se fosses uma oliveira.

22Asinathemba lakuphuncula ebumnyameni kuba sihleli silindelwe likrele.

23Kaloku lo mntu usesichengeni sokuba kukutya kwamaxhalanga; uqonda kakuhle ukuba yintshabalalo ngaphambili.

24Usuka onganyelwe yinkxwaleko nomva-ndedwa, kanye oku kokumkani esiya kuhlasela.

25Kaloku yena usolulele kuThixo isandla sakhe, wazenza igorha kuSomandla,

26emhlasela engakhathalele, ephethe elo khaka lakhe elingqingqwa.

27“Noxa ubuso bakhe bugutyungelwe ngamanqatha, nemihlubulo yakhe ivuthelene kukutyeba,

28izixeko zakhe ziya kuba ngamanxuwa; indlu yakhe ilil' ibhungane; ngokukhawuleza iza kuba ngamabhodlo nje.

29Ewe, uya kuphelelwa kukuba sisityebi, ize nendyebo yakhe ibhange, nditsho nenzuzo yakhe ingabi sabakho kulo lonke ilizwe.

30Akayi kubuphepha ubumnyama bokufa. Ihlumelo lakhe liya kurhawulwa lilangatye, amazwi akhe aphephetheke nomoya.

31Makangazikhohlisi aqamele ngamampunge, kuba inzuzo yakhe iya kuba lilize.

32Uya kutshazwa phambi kwexesha, amagqabi angaze abe luhlaza.

33Uya kufana nomdiliya ovuthuluke iziqhamo ziseluhlaza, nqwa nomnquma ovuthuluke iintyatyambo.

[34] Pois o companheirismo dos ímpios nada lhe trará, e o fogo devorará as tendas dos que gostam de obter privilégios por meio do suborno.

[35] Eles concebem a maldade e dão à luz a iniquidade, e o seu coração dedica-se dia e noite a pensar em ardis e injustiças.”

[34]Lonke elo qela labangamnquliyo uThixo aliyi kuba nanto, nemizi yabo eyakhiwe ngezinyobo iya kuvuthululwa ngumlilo.

[35]Kaloku bakhawula ububi, bazale uqhushululu, inzala yabo ibe yinkohliso.”

Jó 16

Jó acusa a seus amigos de falta de compaixão e misericórdia

[1] Em seguida, Jó tomou a palavra e respondeu:

[2] “Já ouvi muitas palavras semelhantes a estas. Sois todos uma lástima como encorajadores!

[3] Não haverá limite para discursos tão inúteis? O que é que vos provoca, para assim seguir discutindo?

[4] Eu, de igual forma, poderia me expressar assim, se estivésseis vivendo sob as provações que estou passando; contra vós eu poderia amontoar palavras, e menear a cabeça;

[5] poderia consolar-vos apenas com as palavras da minha boca, e poderia aliviar a vossa dor com o encorajamento dos meus lábios.

[6] Ainda que eu fale, o meu sofrimento não cessa; e se calar, qual será o meu alívio?

[7] Mas agora, ó Deus, tu me extenuaste; destruíste a minha família inteira.

[8] Tu me deixaste abatido, o que é um testemunho evidente deste fato; a minha magreza se levanta e depõe contra mim.

UYobi 16

UYobi: Ukho ongakum ondithethelayo kweliphezulu

[1]Ke uYobi waphendula wenjenje:

[2]“Zonke ezi zinto nindixelela zona sendikhe ndaziva ngaphambili; inene, xa ninonke ningabathuthuzeli abangento.

[3]Ngaba le ntshwaqane yenu ayinasiphelo? Nomelezwa yintoni kangaka engxoxweni?

[4]Nam bendingathethayo ngolo hlobo xa ibinini abakule meko ndikuyo; bendiya kuthetha nani ndimana ndichan' amagama, ndide ndimane ndihlunguzela intloko.

[5]Bendiya kunomeleza ngamacebiso, ndinithuthuzele ngamazwi alalanisayo.

[6]“Kambe ke, nokuba ndiyathetha, intlungu le ayisuki; kanti ke nokuba ndithule, kusafana.

[7]Hayi ke, ngoku uThixo undiqobile; usapho lwam uluvuthulule bhuqe!

[8]Ndifunyenwe nguye, kwaza oko kwaba bubungqina bokundityhola; ukonakala komzimba wam bubungqina obundidobelelayo.

[9] Deus, em tua ira, ataca-me e faz-me em pedaços, e range os dentes contra mim; meus inimigos fitam-me com olhar ferino e destruidor.

[10] Os meus semelhantes abrem a boca contra mim; ferem-me no rosto com desprezo e arrogantemente contra mim se unem.

[11] Deus me entrega nas mãos do ímpio e me faz cair nos ardis dos perversos.

[12] Vivia eu tranquilo, quando me esmagou, agarrou-me pelo pescoço e me triturou. Fez de mim seu alvo.

[13] Suas flechas zunem em torno de mim. Atravessa meus rins e não me poupa; sobre a terra derrama o meu fel.

[14] Fere-me com um golpe atrás do outro; ataca-me como um guerreiro violento.

[15] Costurei veste de lamento e angústia sobre a minha própria pele e depositei a minha testa sobre o pó da terra.

[16] Meu rosto está vermelho e arde de tanto chorar, olheiras profundas e escuras tomam meus olhos,

[17] apesar de jamais ter agido com violência, e de sempre ter orado com sinceridade.

[18] Ó terra, não desconsideres meu sangue, não deixes sem vingança as injustiças que fizeram contra minha pessoa! Não haja lugar em que esse meu clamor seja abafado!

[19] Neste exato momento, lá no céu, está a minha testemunha, e lá nas alturas está o meu fiador.

[9]Ngale ngqumbo yakhe undiqwengile wandenzakalisa; undisinekele ngaloo mazinyo akhe; yena mchasi wam uyandijamela.

[10]Abantu bathetha ngam bendigxeka; bandimpakaza esidleleni ngengcikivo, bebonke badibana ngokundichasa.

[11]UThixo undiyekele ngezaphula-mthetho, wandinikela ezandleni zezikhohlakali.

[12]Mna bendingacingele nto, suka ke yena wandintlekeza, wandibamba ngobhongwana, wandiqwenga. Ewe, mna sendiyeyona nto ajolise kuyo.

[13]Abeentolo bakhe bandirhawule; undincule izintso engenalusini, wayiphalazela emhlabeni inyongo yam.

[14]Undingxwelerhe wada wandiqusha; ufunzela kum okwejoni.

[15]“Ngoku sendithe wambu ezokuzila; uphondo lwam luseluthulini.

[16]Sendilile ndada ndambatsha; ke wona amehlo am ade af' amnyama.

[17]Kambe ke phofu mna andinabundlongo-ndlongo, nomthandazo wam kuThixo awunakumbi.

[18]“Yini na, mhlaba! Sukulingcwab' igazi lam! Isikhalo sam masivakale!

[19]Kaloku nangoku ingqina lam lisemazulwini; ewe, ukho ongakum ondithethelelayo kweliphezulu.

[20] Os meus próprios amigos zombam do meu estado, e os meus olhos se desfazem em lágrimas diante de Deus.

[21] Contudo, aquele que intercede por mim, defende a minha causa diante da presença de Deus, com a disposição fraterna de um verdadeiro amigo.

[22] Afinal, mais alguns anos apenas, e partirei para minha última viagem, aquela da qual ninguém retorna.

[20]Sendiyintlekisa nakwizihlobo zam; ke iinyembezi zam ndiziphalaza phambi koThixo.

[21]Akwaba ebenokulamla phakathi komntu noThixo njengoko ebakho umlamli phakathi komntu nomhlobo wakhe!

[22]Kuba kaloku akuseminyaka mingaphi ndithathe uhambo olungabuyiyo.”

Jó 17

[1] “O fôlego de vida que há em mim está se esvaindo, estou quebrantando e os meus dias na terra estão chegando ao fim, a sepultura me aguarda!

[2] Em suma: pereço cercado de zombadores, e meus olhos ainda têm que contemplar a hostilidade desse povo!

[3] Dá-me, ó Deus, a tua garantia e sê o meu leal fiador para com tua própria pessoa; quem mais me estenderia a mão?

[4] Porquanto encobriste o entendimento ao coração dessa gente, por isso não permitirás que eles triunfem.

[5] Como diz o ditado: ‘Passarão fome os filhos daqueles que por dinheiro traem os seus amigos!’

[6] Entretanto, da minha própria carne Deus compôs um novo provérbio para toda a humanidade, de um simples homem em cujo rosto os seus semelhantes cospem!

[7] Meus olhos se turvaram de angústia e tristeza, o meu corpo não passa de uma leve sombra.

UYobi 17

UYobi: Akukho themba kwelabafileyo

[1]“Umoya wam wonakele, nemihla yam iphelile; ngoku sending'ong'ozelwe lingcwaba.

[2]Inene, ngapha nangapha ndiphahlwe ngabandigculelayo; ewe, ndijongene nentiyo yabo.

[3]“Nceda, Thixo, undibekele isibambiso. Kakade ke ibingubani omnye ongandikhuselayo?

[4]Kaloku iingqiqo zabo uzithe lwale ngokungaqondi; ngoko ke mabangandoyisi.

[5]Kaloku umntu ongcothoza izihlobo zakhe ngenxa yenzuzo, abantwana bakhe baya kufa amehlo.

[6]“Undenze ndaba ngundaba-mlonyeni kubantu bonke, into etshicelwa ebusweni.

[7]Ngenxa yeenzingo amehlo am selede anorhatyazo; sendide ndayingcadalala ephephukayo.

[8] Os íntegros ficam atônitos diante deste acontecimento, e os inocentes insurgem-se contra os maldosos.

[9] Contudo, os justos e piedosos se manterão firmes em seus princípios e convicções, e os homens justos e sinceros se tornarão cada vez mais fortes.

[10] Vinde pois, agora mesmo e fazei uma nova tentativa. Todavia, é certo que não encontrarei mais nenhum sábio entre vós!

[11] Os meus dias passaram, os planos, esperanças e ilusões do meu coração fracassaram.

[12] Os ímpios trocaram a noite pelo dia; afirmam que a luz se aproxima das trevas.

[13] Ora, se o único lar pelo qual aguardo é o Sheol, a sepultura, se estendo a minha cama na escuridão,

[14] se afirmo à corrupção mortal: Tu és meu pai; e aos vermes: Vós sois minha mãe e minha irmã;

[15] onde se encontrará então minha esperança? Quem poderá vislumbrar alguma possibilidade de vida para mim?

[16] Será que a esperança descerá comigo até as portas do Sheol, da morte? Baixaremos todos à sepultura e descansaremos juntos no pó da terra?"

Jó 18

Bildade acusa Jó de presunção e impaciência

[1] Então Bildade, o suita, respondeu:

[2] "Até quando continuarás falando? Pensa bem, procede com sensatez e então poderemos dialogar.

[8]Abo banyanisekileyo ke bamangalisiwe; ewe, abamsulwa bayakhathazeka ngenxa yabachasene noThixo.

[9]Olilungisa ubambelele nkqi endleleni yakhe, ngokunjalo ke nabo bazandla zimsulwa baya besomelela ngokomelela.

[10]"Kambe ke, noba niyaphinda nibuye xa ninonke, andiyi kufumana nasinye isilumko apho phakathi kwenu.

[11]Imihla yam iphelile, namacebo am achithakele, ngokunjalo neminqweno yam ivuthulukile.

[12]Ubusuku bathi yimini; kanti xa kuhlwayo bathi sekuza kusa.

[13]Uthi ke, xa ndingasuka ndithi elabafileyo likhaya lam, ndize ndizandlalele kwamnyama-ndawo,

[14]okanye ke, xa ndinokuthi ingcwaba ngubawo, ndize ndithi iimpethu ngumama nodade wethu:

[15]Iiphi ke ithemba lam, ingubani khona onokundibonelela?

[16]Ngaba bendinokuhla nalo na ndiye emasangweni elabafileyo? Bendinokuhla nalo na, ndiye kuphumla nalo eluthulini?"

UYobi 18

UBhildadi: Sisikhohlakali esihlelwa ngumonakalo

[1]Kwesi sithuba ke kuthathise uBhildadi, umfo waseShuwa, wenjenje:

[2]"Koda kube nini untyuntya? Hayi bo, khawubuyel' ezingqondweni, nathi ke sithethe!

[3] Por que somos considerados como animais, e somos ignorantes segundo vosso entendimento?

[4] Oh tu, que te consomes na tua própria ira, por acaso a terra será abandonada por tua causa? Será a rocha removida do seu lugar?

[5] A lâmpada do maldoso e injusto se apaga, e a chama do seu fogo se extingue.

[6] Na sua tenda, a luz se escurecerá, e a lâmpada que resplandece sobre sua vida se apagará.

[7] Os seus passos antes firmes e determinados se reduzirão, e o seu próprio juízo o destruirá.

[8] Porquanto seus próprios pés o conduzirão às armadilhas e trôpego cairá nas redes à sua volta.

[9] A armadilha o apanha pelo calcanhar, e o laço o prende com firmeza.

[10] A corda maliciosa está oculta, armada em seu caminho, exatamente por onde seus pés deverão passar.

[11] Ameaças de todas as partes o deixam apavorado; elas o perseguem a cada passo.

[12] Ele era rico, mas agora passa fome; a desgraça está pronta para despencar sobre ele.

[13] Uma doença mortal se espalha pelo seu corpo todo e faz com que os seus braços e pernas apodreçam.

[14] Ele é arrancado da segurança de sua morada, e o levam à força à presença do rei dos terrores.

[3]Kutheni ukuba usiphathe okwezilwanyana? Ngaba usibona siziziyatha ezinjalo?

[4]Uyazenzakalisa ngalo msindo wakho. Ngaba umhlaba mawujike ube yinkangala ukungqinela ukunyaniseka kwakho? Uthi makudilik' amawa ezindaweni zawo?

[5]“Hayi kaloku, isibane sesikhohlakali siza kucinywa, futhi ke nelangatye laso soze liphinde livuthe.

[6]Ukukhanya kuya kujika kube bubumnyama endlwini yaso; ewe, isibane saso siya kucinywa.

[7]Siza kuphelelwa kukunyantsula, sikhutyekiswe kwalelaso iqhinga.

[8]Iinyawo zaso ziya kugaxeleka kwisabatha, size sigxalathelane siye kuthi gxwa emhadini.

[9]Umgibe wosuka usithi hlasi ngesithende, usiqhoge usibambe ntshilikithi!

[10]Kaloku sibekelwe isabatha emhlabeni, sacutshelwa unoxhaka endleleni yaso.

[11]Lo mntu urhwaqeliswa zizoyikiso ngeenxa zonke; zimthe mbende zimpheka zimophula.

[12]Inkxwaleko imlambele; uhlala ezingelwa sisithwakumbe.

[13]Uthiwe mome sisifo esilenceza ulusu lwakhe; ewe, kanye izibulo lokufa limgrenya amalungu omzimba.

[14]Woqwengelwa apho kwelo nqugwala liyinqaba yakhe, suka ukufa kumqweqwedisele kwikumkani yezoyikiso.

[15] O fogo habita na tenda dele, e nada do que possuía permanece; enxofre ardente se espalha sobre a sua casa.

[16] O perverso é como árvore seca: suas raízes apodrecem sob a terra, e seus ramos murcham em cima!

[17] O seu nome e a sua história desaparecerão da terra, e nas praças não mais se falará de seus feitos.

[18] Ele será expulso da luz e do mundo dos vivos para a escuridão dos mortos.

[19] Não deixará filhos nem netos; nenhum descendente seu lhe restará nas moradas.

[20] Os habitantes do Ocidente apavoram-se, e os do Oriente ficam atônitos de medo com as notícias sobre a sua ruína.

[21] Em verdade, essa é a habitação do ímpio; essa é a situação daquele que não conhece a Deus!"

Jó 19

Jó queixa-se da obstinação e dureza dos seus amigos

[1] Então Jó declarou:

[2] Até quando afligireis a minha alma e me atormentareis com vossas críticas?

[3] Já me humilhastes dez vezes; não vos envergonhais de me maltratar?

[4] Se é verdade que cometi alguma falta, o erro que cometi diz respeito somente a mim mesmo.

[5] Se vós, de fato, quereis vos envaidecer sobre a minha pessoa, e usar contra mim a minha própria humilhação,

[15]Akukho nto iyeyakhe iya kusala kwelo nqugwala lakhe; kaloku isulfure evuthayo iya kusasazeka phezu kwalo.

[16]Phants' apha iingcambu zakhe ziya koma, kanti ke wona amasebe akhe atshaze phezulu phaya.

[17]Udumo lwakhe luya kutshitsha elizweni, negama lakhe lilibaleke ehlabathini.

[18]Wogxothwa kweli lizwe lokukhanya, akhatshelwe ebumnyameni; ewe, uya kunikw' uphum' aphele kwelimiweyo.

[19]Akayi kushiya mlibo nanzala phakathi kwamawabo; ngenene akayi kushiya nempunde le kwelakowabo.

[20]Abasentshona bothi bakuyiva le ntlekele bakhamnqe; kanti ke abasempuma bothi bakuva ngesi sibetho batsho babamb' ongezantsi!

[21]Kuya kuba njalo ke kwindlu yesikhohlakali. Ewe, injalo indawo yongamkhathalelanga uThixo!"

UYobi 19

UYobi: Ndiya kumbona uThixo

[1]Ke kaloku waphendula uYobi wathi:

[2]"Yaz'ba koda kube nini na nindingcungcuthekisa, nindaphula nindikroboza ngamazwi?

[3]Kunini niphoxisa ngam! Aninantloni ukundihlasela kangaka?

[4]Khona sekusithiwa ndonile, ningena phi ke nina?

[5]Eyona nto ngoku niyandivuyelela; kuni ezi nkathazo zam zibonisa ubutyala bam.

[6] sabei pois, que foi Deus quem me provou e fez sofrer, envolvendo-me em suas redes.

[6]Anisaboni ke nina ukuba nguThixo lo undifake kule ngxingwa? Ewe kaloku, nguye ondigubungele ngomnatha.

[7] Entretanto, se clamo: Injustiça! Eis que não obtenho resposta; grito por socorro, contudo não vejo justiça!

[7]"Ndiba ngakhwaza ndisithi: 'Ugonyamelo!' andifumani nokuhoywa oku! Futhi ndibe ngazibika, akukho bani undilamlelayo!

[8] Ele bloqueou o meu caminho, e não tenho como vencer os obstáculos; cobriu de trevas as minhas veredas.

[8]Yena uyivalile indlela yam ukuze ndingabi nakugqitha. Iindlela zam uzithe zinzi ngobumnyama.

[9] Despiu-me da minha honra e tirou a coroa de minha cabeça.

[9]Yena undihlube iwonga lam, wandihlutha naloo ntshinga bendinayo.

[10] Quebrantou-me de todos os lados, tanto que estou a ponto de expirar sobre a terra; despojou-me da esperança que alimentava, como quem arranca uma simples planta do solo.

[10]Undidilize macal' onke, ndee shwaka, walincothula njengomthi ithemba lam.

[11] Sua ira acendeu-se contra mim, e agora me considera como um inimigo.

[11]Ingqumbo yakhe uyijolise kum; undiphethe njengolona tshaba lwakhe.

[12] Juntas, suas tropas avançam poderosamente; cercam-me e acampam ao redor da minha tenda.

[12]Undikhuphele umkhosi wakhe; undimbela izikanisi zokundihlasela; ujikeleza umzi wam.

[13] Ele levou os meus irmãos para longe de mim, e os que me conhecem tornaram-se como estranhos para mim.

[13]Unditsho ndabalekwa nangabantakwethu; xa kungokunje nezihlobo zam ezi zihambela phaya!

[14] Os meus parentes me abandonaram, e os meus amigos se esquecem de mim.

[14]Okwakuzizalamane zam zindishiyile, ngokunjalo nabazalana nam bandilibele.

[15] Os que me visitam e também as minhas servas me consideram estrangeiro; não passo de um estranho aos seus olhos.

[15]Abo babeziindwendwe zam abasandikhumbuli, nezicakazana zam azisandazele nto, sendithathwa njengowasemzini.

[16] Chamo o meu próprio servo, e sequer me responde, vejo-me obrigado a suplicar-lhe ajuda.

[16]Ndakusibiza isicaka sam, asisabeli nokusabela oku, nditsho nokuba ndiyasicenga.

[17] O meu hálito é intolerável para a minha esposa; sou repugnante para os filhos de minha mãe.

[17]Kanti nomfazi wam weenkomo selekhutyekiswa kukuphefumla kwam; sendiliqaqa nakwabesizalo sikama.

[18] Até as crianças zombam de mim e acham graça do meu estado quando chego.

[19] Todos os meus amigos, inclusive os mais chegados, agora me detestam; aqueles mais íntimos, a quem amo, simplesmente voltaram-se contra mim.

[20] Estou reduzido a pele e ossos, e apenas minhas gengivas ainda não estão inflamadas.

[21] Portanto, tende compaixão de mim, meus caros amigos; tende misericórdia da minha pessoa; pois foi a mão de Deus que me feriu.

[22] Por que me perseguis como Deus está procedendo? E mais, não vos fartais jamais de consumir a minha carne?

[23] Ah! Quem dera as minhas palavras fossem escritas! Sim, fossem todas gravadas em um livro histórico!

[24] Quisera eu elas fossem talhadas a ferro sobre o chumbo ou gravadas para sempre na rocha.

[25] Contudo, eu sei que meu Redentor vive, e que no fim se levantará para me defender e vindicar ainda que eu esteja no pó do meu túmulo.

[26] E depois que todo o meu corpo estiver consumido pela terra, sem carne, então contemplarei a face de Deus.

[27] Eu o verei com os meus próprios olhos; eu pessoalmente, não outra pessoa o verá e me dirá como ele é! Oh! Quão intenso é o desejo do meu coração por esse dia!

[28] Se conjecturares: 'Como haveremos de censurá-lo e persegui-lo, pois concluímos que a causa de todo esse mal está nele!'

[29] Melhor será, pois, que temais a espada da justiça, pois por meio dela vêm os castigos,

[18]Sendidelwe nangabantwana aba bembala; bathi ndakuthi gqi bakrukrutheke yintsini.

[19]Endandikade ndilala ngengub' enye nabo, bayandicaphukela; ukanti nâbo ndibathandayo bandivukele.

[20]Izihlunu zam sezithe nca emathanjeni, nolusu lwam sendilonwaya ngamazinyo.

[21]"Hoyina! Hoyina, balingane bam; khanibe nebuya-mbo! Kaloku sisandla sikaThixo esi sindenze ndanje!

[22]Ngani ukuba nani ninditshutshise njengoThixo? Hayi kaloku, noko ngoku sekwanele!

[23]Akwaba ebekho owabhalayo la mazwi am; akwaba ebeshicilelwe encwadini!

[24]Ngenene akwaba la mazwi ebekrolwe elityeni ngentsimbi ebukhali nangelothe, khon' ukuze ahlale ehleli nanini nanini!

[25]Kambe ke ndiyazi ukuba umkhululi wam ukho; ekugqibeleni iya kuba nguye otshatshelayo ehlabathini.

[26]Nokuba ulusu lwam lungade ludlavulwe sesi sifo, noko uThixo yena ndiya kumbona ndidlavuke ndinjalo!

[27]Ewe, ndiya kumbona ngala wam amehlo, indim, ingenguye wumbi. Loo nto ndiyilangazelela ngomxhelo wam wonke.

[28]Ke nina nisuka nithi: 'Hayi ukungcungcutheka kwakhe! Yabe ingcambu yaloo nto ikuye ngenkqu.'

[29]Kambe ke lilumkeleni ikrele elifunza kuni, ikrele lengqumbo kaThixo ngenxa yesono;

a fim de que saibas quem é o Todo-Poderoso.

Jó 20

Zofar descreve as calamidades que os ímpios sofrem

1 Então Zofar, o naamita, replicou:

2 “Agitam-se em meu íntimo os meus pensamentos e levam-me a voltar a lhe dirigir a palavra, porquanto estou profundamente angustiado.
3 Estou ouvindo a tua repreensão, que me atinge e insulta, contudo agora é a minha vez de te responder.
4 Não sabes que, desde a antiguidade, desde que Adham, o primeiro homem, foi posto sobre a terra,

5 o riso dos maus é passageiro, e a alegria dos ímpios dura apenas um momento?

6 Ainda que sua arrogância atinja os céus, e a sua cabeça toque as nuvens,

7 ele desaparecerá tão completamente como o seu próprio excremento; e quem o tenha visto questionará: ‘Onde ele foi parar?’
8 Passará como um sonho, e já não será achado; ele se dissipará como uma visão da noite.
9 Os olhos que o viam já não o verão, nem mesmo o seu lugar o contemplará outra vez.
10 Seus filhos terão que indenizar os pobres; ele próprio, com suas mãos, terá que reconstruir suas posses.

liya kunenza niqonde ukuba ukhona umgwebi.”

UYobi 20

UZofare: Imincili yalowo ungamnquliyo uThixo yeyomzuzwana nje

1Ke kaloku uZofare waseNama waphendula wathi:

2“Ukudubeka kwam kundibangela ukuba mandiphendule; kunditsho ndikungxamele ukuthetha.

3Ngale ndlela undigxeka ngayo uyandihlaza, kodwa ndiza kukuphendula ngengqiqo.
4Ngaba akuyiqondi le nto, ingathi lisiko lidala nje? Laqala kwaukufika komntu wokuqala ehlabathini.
5Nditsho le nto yokuba ulonwabo lwesikhohlakali alubhekele phi. Kaloku imincili yalowo ungamnquliyo uThixo yeyomzuzwana nje.
6Ewe, yena angasisihandiba esiwakrobeleyo namazulu, abe sisikhulu esintloko irheca amafu,
7kodwa wosuka adake kuphele njengelindle lakhe, baze abo bebembonile bathi: ‘Utshone phi na?’
8Usuka athi shwaka njengephupha, azimele njengombono wasebusuku, angaze aphinde alanywe bani.
9Ababehlala bembona abaphindi bambone, futhi nendawo yakhe ingaze ibe samalama.
10Abantwana bakhe baya kubabuyekeza abasweleyo, izandla zakhe zibuyisele ubutyebi bakhe kubo.

11 Seus olhos, ainda cheios de vigor juvenil, morrerão com ele no pó.

12 Se a maldade tinha sabor doce em sua boca e ele a escondia debaixo da língua,

13 ainda que a retenha na boca para saboreá-la,

14 ainda assim esse manjar se corromperá em seu ventre, nas suas entranhas será como veneno de cobra.

15 Vomitará as riquezas que engoliu, Deus fará seu estômago lançá-las sobre a terra.

16 Sugará veneno de cobra; as presas de uma víbora o exterminarão.

17 Não terá o prazer de contemplar os regatos, os ribeiros e os rios caudalosos que vertem mel e nata de leite.

18 Terá que devolver tudo quanto deu sua vida de trabalho, sem desfrutar o que amealhou, sem poder se alegrar com os lucros conquistados.

19 Porque destruiu azab, as moradias e a dignidade dos pobres, e se apropriou de casas que não construiu.

20 Com toda a certeza a sua cobiça não lhe trará paz e segurança, e o seu tesouro não conseguirá livrá-lo do mal.

21 Nada mais lhe restou para devorar; sua aparente prosperidade não durará muito.

22 Em meio às suas riquezas, a aflição o consumirá; o poder aniquilador da desgraça o atingirá de uma vez por todas.

11Nakuba wayefudula enamandla ngeemini zobutsha bakhe, kodwa ngoku loo mandla aya kulala eluthulini kunye naye.

12“Inkohlakalo inganambitheka kamnandi emlonyeni wakhe, ade ayigushe phantsi kolwimi.

13Anganamathela kuyo angavumi ukwahlukana nayo, asuke akhethe ukuhlala eyimumathile ngenkalakahla.

14Kodwa ke oko kutya kwakhe esiswini sakhe kosuka kukrakre, kube ngathi yityhefu yephimpi.

15Kaloku umntu okhohlakeleyo ubutyebi ubuginya ajike abuhlanze; uThixo ubugrumba nakweso sisu sakhe.

16Isikhohlakali simfimfitha ubuhlungu bamaphimpi, buze busibinze kanye oku kobuhlungu berhamba.

17Asihlali side sibone imilambo empompoza amanzi, okanye iintlambo ezinkcenkceza ubusi namasi.

18Ukubulaleka kwaso kufuneka sikuncame singakhange sikuxhamle; kaloku asilifumani ithuba lokubutya ubutyebi baso, sinambithe imveliso yokurhweba kwaso.

19Andithi na kaloku sona saphila kukucinezela abahlelelekileyo; izindlu sizifumana singazakhanga?

20“Kaloku ukunyoluka komntu okhohlakeleyo akunasiphelo; ulixhoba leminqweno yakhe.

21Utya konke, angashiyi nto; ngoko ke ngoku inkqubela yakhe isuke yanqamka.

22Uthi xa asencotsheni yempumelelo ahlelwe ziinzima; zisuke zimfikele ngamandla iinkathazo.

[23] Quando ele estiver de estômago cheio, Deus liberará a fúria da sua justiça contra ele, e sobre a vida dele despejará todo o conteúdo da ira divina.

[24] Se conseguir se desviar da arma de ferro, o bronze da flecha de Deus o alcançará e o atravessará.

[25] Ele ainda a arrancará das suas costas, a ponta reluzente saindo do seu fígado. Assombro e desespero cairão sobre ele;

[26] densas trevas aguardarão o momento de tragar todos seus tesouros. Um fogo aceso por mãos humanas o exterminará e devorará o que restar em sua tenda.

[27] Os céus proclamarão a sua culpa; a terra se levantará contra ele.

[28] E, naquele dia, quando a ira da justiça de Deus se derramar sobre essas pessoas impiedosas, todas as suas riquezas serão levadas como pelas águas avassaladoras de uma inundação súbita.

[29] Esse é o final que Deus tem preparado para os ímpios e maldosos de coração, é o destino, a herança designada por Deus para essa gentalha!”

Jó 21

Jó mostra que os ímpios, muitas vezes, gozam prosperidade nesta vida

[1] Então Jó tomou a palavra e rogou:

[2] “Escutai, pois, atentamente minhas ponderações, seja este o consolo a mim concedido de vossa parte.

[3] Permiti, portanto, que eu fale livremente, e, quando tiver encerrado minha tese, zombai à vontade de minha pessoa.

[4] Porventura a minha queixa é em relação ao ser humano? Contudo, ainda que fosse,

[23]Angatya yena ahluthe mpu, kodwa uThixo wosuka amnisele ngengqumbo yakhe, amohlwaye ngokumzisela imfazwe.

[24]Xa azama ukuphepha ikrele elenziwe ngentsimbi uya kuchanwa lutolo lobhedu, lumbinze luphumele.

[25]Xa elikhupha emqolo, encothula intloko yalo ekhazimlayo enyongweni, wosuka onganyelwe kukunkwantya.

[26]Yonke indyebo yakhe yovuthuluka iphele, kuthi gqi umlilo ongaphenjwanga mntu utshabalalise okushiyekileyo endlwini yakhe.

[27]Amazulu osuka awadandalazise amatyala akhe, ke lona ihlabathi lisuke limvukele.

[28]Indlu yakhe iya kukhukuliswa, imke nomsinga wamanzi ngemini yengqumbo kaThixo.

[29]Naso ke isabelo uThixo asinika abakhohlakeleyo; ewe, elo lilifa abamisele lona uThixo.”

UYobi 21

UYobi: Ngani ukuba abakhohlakeleyo babe nenkqubela?

[1]UYobi ke waphendula wenjenje:

[2]“Khanibek' iindlebe nindiphulaphule; leyo ke yoba yeyona ntuthuzelo kum.

[3]Khanindinyamezele nam ndikhe ndithethe; emva koko ke ningaqhubela phambili niphoxise.

[4]“Ke mna ndifanele ukukhathazeka; kaloku andixabananga nomntu nje.

não teria eu motivos para perder a paciência?

[5] Olhai, pois, para minha pessoa e ficai perplexos; ponde a mão sobre a vossa boca.

[5]Jongani kum: niya kumangaliswa, nibamb' ongezantsi.

[6] Só de pensar sobre isso, fico aterrorizado; todo o meu corpo estremece.

[6]Nam ndithi ndakuyicinga le nto indihleleyo ndisuke ndikhwankqiswe, ndize ndifikelwe kukungcangcazela komzimba.

[7] Afinal, por que vivem os maus e ímpios? Por que chegam à velhice e ainda se tornam mais poderosos?

[7]Ngani ukuba abakhohlakeleyo bayizuze inyhweba yokukhula bade babe badala, baxhamle ukomelela nenkqubela?

[8] Eles têm a felicidade de ver os seus filhos estabelecidos ao seu redor, e os seus descendentes diante dos seus olhos.

[8]Bakhula babe nabantwana nabazukulwana; ewe, baba nenyhweba yokusibukela isizukulwana sabo.

[9] Suas casas vivem em paz e segurança, absolutamente livres do medo; a vara da repreensão divina não os vem castigar.

[9]Emizini yabo bonwabile, abakhathazwa nto; uThixo akabayekeli ngezibetho.

[10] Seus touros jamais cessam de reproduzir; suas vacas dão crias de tempo em tempo sem nunca abortar.

[10]Kubo iinkunzi ziyazizalisa iimazi, zingashiyi nanye; ibe ke neemazi zabo ziyazala zingaphunzi.

[11] Sentem-se à vontade para deixar que seus filhos corram como cabritos pelos montes, os seus e todos põem-se a dançar.

[11]Owabo umlisela utaka-taka ngokwamatakane; abantwana babo bayadloba-dloba.

[12] Cantam, acompanhando a música do tamboril e da harpa; alegram-se ao som da flauta.

[12]Ungafika bememelela bekhatshwa ziintambula neengqongqo; bangqungqa benemincili bebetha iifluthi.

[13] Os ímpios desfrutam seu tempo de vida no conforto da prosperidade, e, no tempo certo, descem em paz ao Sheol, à sepultura.

[13]Obabo ubomi babudla ngentlutha nenzolo, baze bathi nyubelele baye kutshona kwelemimoya ngaphandle kwamagingxi-gingxi.

[14] Ainda assim, declaram eles a Deus: 'Afasta-te de nós, deixa-nos! Não temos o menor interesse em conhecer os teus princípios de vida!

[14]Izikhohlakali zithi kuThixo: 'Suka kuthi! Asinamdla wakuzazi iindlela zakho.'

[15] Afinal, quem é o Todo-Poderoso, para que o sirvamos? Que ganho ou recompensa teremos se lhe fizermos orações?'

[15]Zisuka zithi: 'Kuxa engubani yena uSomandla ukuba singade simbuse? Khona, nzuzoni esiyifumanayo ngokumnqula?'

[16] Entretanto, a prosperidade e a felicidade que possuem não dependem deles, tampouco está segura em suas mãos. Portanto, longe de mim o conselho dos ímpios!

[16]Kambe impumelelo yazo ayixhomekekanga ezandleni zazo. Mna andihambisani necebo lâbo bantu bakhohlakeleyo.

[17] Ora, quantas vezes se vê apagar a lâmpada do ímpio e se contempla a sua morte? Quantas vezes a desgraça cai sobre eles ou que Deus, em sua ira justa, lhes envie dores e sofrimento?

[17]"Kukangaphi isibane sesikhohlakali sicinywa? Kukangaphi zingundaniselwa zizibetho? Andithi na kaloku uThixo abakhohlakeleyo ubahlomlela ingqumbo yakhe,

[18] Quantas ocorre que eles sejam levados de um lado para o outro como palha ao vento, ou um furacão os arrebata como pó da terra?

[18]aze abavuthele baphephetheke njengengca enqunqiweyo, bavuthuluke njengomququ unyuka nesaqhwithi?

[19] Segundo o dito popular: 'Deus castiga nos filhos os pecados do pai!' Ora, mas é o próprio pai faltoso que deveria pagar por seu erro a fim de que aprendesse a lição!

[19]Ngaba uThixo usibekela abantwana isohlwayo sabazali? Hayi bo; makohlwaye abo bonileyo ngokwabo, khon' ukuze nabo baqonde.

[20] Portanto, que o pecador receba a sua própria condenação; que seus olhos vejam a sua ruína; que o próprio ímpio beba da ira do Todo-Poderoso!

[20]Abo bonileyo mabaxhamle isohlwayo, basele ingqumbo kaSomandla.

[21] Afinal, se ele já está morto e nada sente; se já está no Sheol, o mundo dos mortos, que lhe importará que a sua família sofra?

[21]Kakade ke, umntu uwukhathalele ngani umzi wakhe xa yena engasekho, xa iinyanga zakhe azibalelweyo kobu bomi seziphelile?

[22] Ora, será possível que alguém possa acrescentar algum conhecimento ao Todo-Poderoso, que julga também os seres celestiais?

[22]"Ngubani ongafundisa uThixo ulwazi? Nezithwala-ndwe zaphezulu zisesandleni sakhe nje!

[23] Alguns homens levam uma vida feliz e tranquila e morrem abastados,

[23]Bambi bafa bethe gabhu kwintlala-kahle nenkqubela; bafa bengazele nto bekhuselekile.

[24] com saúde e cheios de vigor.

[24]Ewe, bafikelwa kukufa iimvaba zabo zizele ngamasi; nangokwasempilweni bayimiqaba-qaba.

[25] Outros, entretanto, nunca provaram um momento de alegria e morrem com o coração repleto de amargura.
[26] Todavia, uns e outros jazem no pó, e serão tomados e consumidos pelos vermes da terra.
[27] Conheço muito bem os vossos pensamentos e as más intenções de me fazer justiça.
[28] Porquanto alegais: 'Onde está a casa do príncipe, o grande homem? Onde está a morada do ímpio?'
[29] Ora, nunca fizestes estas perguntas aos viajantes? Não aceitais o que disseram,
[30] que o mau é preservado no dia da destruição e poupado no dia da ira de Deus?
[31] Ninguém se levanta para os acusar das maldades que comete; ninguém o faz pagar pelos seus atos injustos.
[32] Ele é conduzido para a sepultura, e vigiam-lhe o túmulo.
[33] Para ele é macio o terreno do vale; assim como uma multidão inumerável o precedeu.
[34] Portanto, como quereis oferecer-me consolo, se vossa doutrina é falsa e nas vossas afirmações há mentira!

Jó 22

Elifaz acusa Jó de diversos pecados e o exorta ao arrependimento

[1] A seguir, Elifaz, o temanita, tomou a palavra e respondeu:

[25]Ukanti ke bambi bafa benxunguphele, bengazange bayive nokuyiva intlala-kahle.
[26]Kambe ke bonke bayafa bangcwatywe, baze ke babe lixhoba leempethu.
[27]Ewe, ndiyakubona ukuyila kweengqiqo zenu, ngokunjalo naloo mayelenqe niwayilayo ukuchasana nam.
[28]Niyawaza kubuza ke nithi: 'Uphi umzi wesikhulu xa kunamhlanje-nje? Iphi loo ndlu sasiyenzela kuyo inkohlakalo?'
[29]Ngaba anikhe nibuze na kwabalikhenkethileyo ilizwe? Ke, ngaba anikayiqondi ingxelo yabo?
[30]Le yokuba ngomhla wesithwakumbe isikhohlakali siyasinda, sihlangulwe kuyo ingqumbo!
[31]Akukho mntu ujongana naso asimangalele, kungekho bani usibuyekezayo ngezenzo zaso.
[32]Sisiwa emangcwabeni, lilindwe ingcwaba laso.
[33]Amagada entlambo alala athi ncwaba phezu komzimba waso. Bonke abantu bayasilandela ukuya apho; kanti sandulelwe linani elingenakubalwa.
[34]"Ningathini ke ukufuna ukundithomalalisa ngamazwi alambathayo? Zonke iingxoxo zenu bubuvuvu obungeyonyaniso."

UYobi 22

UElifazi: Ubugwenxa bakho abunasiphelo

[1]Ke kaloku uElifazi umfo waseTeman uphendule wenjenje:

[2] “Pode um ser humano ser útil a Deus? Ainda que seja uma pessoa de grande sabedoria, pode ajudar a Deus?

[2]“Ngaba ukhona na umntu oluncedo kuThixo? Ngaba angazuza lutho na kwinkintsela yesilumko?

[3] Que felicidade poderias dar a Shaddai, o Todo-Poderoso, se fosses justo? Que lucro receberia Deus se os teus caminhos fossem irrepreensíveis?

[3]Uthi ngaba uSomandla unolutho aluzuzayo ukuba wena ulilungisa? Khona sekusithiwa awunabala, imnceda ntoni loo nto?

[4] Sendo assim, será que é por sua bondade e misericórdia que Deus te julga, condena e repreende?

[4]“Ngaba uThixo angakohlwaya na ngenxa yokuba umthobela, aze akumise enkundleni?

[5] Ou será que é por causa da tua maldade? Não são infindos os teus erros e pecados?

[5]Akungebi ngokuba wone gqitha, nobugwenxa bakho bungenasiphelo?

[6] Ora, sem motivo exigias penhores dos teus semelhantes, como garantia de um pequeno empréstimo extorquias dos pobres as próprias roupas deixando-os nus!

[6]Kaloku wena amawenu uwamisele isibambiso ngaphandle kwesizathu; ude uwohluthe nempahla yawo yokunxiba, asale eze.

[7] Não serviste de água ao sedento e cansado, e retiveste o pão ao faminto.

[7]Abadiniweyo benxaniwe awuluthobanga unxano lwabo, nabalambileyo ubavimbile ukutya.

[8] Entretanto, sendo tu dono de muitas terras e vivendo do fruto delas, eras honrado diante de todos.

[8]Wena ubusisinhanha esinemihlaba; ubungummi obekekileyo.

[9] Mandaste embora de tuas terras as viúvas sem qualquer ajuda ou indenização, e esmagaste os braços dos órfãos!

[9]Kanti awanelanga kukungancedi bahlolokazi, koko ude waxhaphaza wacinezela neenkedama ezi!

[10] Ora, esses certamente são os motivos pelos quais estás cercado de ciladas, provações, e a iminência de uma grande catástrofe pessoal te apavora.

[10]Ngoko ke ngoku ubhijelwe zizabatha; uminxwe naliphaphu.

[11] Também por isso vives atormentado, com a sensação de que estás envolto em trevas tão densas que te deixam cego, e te afogam como as muitas águas de uma inundação.

[11]Ngoku ukhulelwe bubumnyama, awuboni; ugutyungelwe naziimpuphuma.

[12] Porventura, não está Deus nas alturas dos céus? Olha para as mais altas estrelas e vê como estão distantes!

[12]“Andithi na kaloku uThixo yena uhlala emajukujukwini amazulu? Neenkwenkwezi ngokwazo kuloo malenga-lenga zikuwo yena uzivelele.

[13] Contudo, tu cogitas: ‘O que sabe Deus? Pode ele julgar através de tamanha e densa escuridão?

[13]Ube ke wena usithi: ‘Wazi ntoni uThixo? Esithwe ziingqimba zamafu nje, angasigweba njani?’

[14] Nuvens espessas o envolvem, de tal maneira que ele não pode enxergar quando percorre a abóbada celeste’.

[14]Uthi: ‘Akaboni; uvalelwe ngamafu; kuphela uhamba-hamba phaya esibhakabhakeni.’

[15] Assim é que desejas seguir no caminho antigo trilhado pelos homens malignos?

[15]Ngaba usazimisele ukuhamba indlela yamandulo, ulandele ikhondo labantu abakhohlakeleyo?

[16] Eles foram ceifados antes da hora; seus alicerces foram arrastados por uma enchente repentina.

[16]Kaloku bona baxhwilwe kwangaphambi kwexesha labo; izikhukula zemka neziseko zabo.

[17] Exclamaram a Deus: ‘Afasta-te de nós!’ E mais: ‘Que pode nos fazer o Todo-Poderoso?’

[17]Aba ngabo babesithi kuThixo: ‘Suka kuthi. Angasenza ntoni na uSomandla?’

[18] Entretanto, foi Deus que encheu de bens as casas deles. Portanto, longe de mim estejam os conselhos dos ímpios!

[18]Kambe ke ikwanguye ozalisa imizi yabo ngobuqhele-qhele. Phofu ke mna andihambisani neqhinga lezikhohlakali.

[19] Os justos veem isso e se alegram: os honestos e inocentes se alegram, declarando:

[19]“Amalungisa ayakubona ukutshabalala kwezikhohlakali, asuke avuye; abamsulwa bahlekisa ngazo besithi:

[20] ‘Certo é que as pessoas más foram todas destruídas, e o fogo devorou as suas riquezas!’

[20]‘Inene, iintshaba zethu zitshatyalalisiwe, nobutyebi bazo budliwe ngumlilo.’

[21] Sendo assim, faze as pazes com Deus sujeitando-te a ele, e a prosperidade te alcançará.

[21]“Ngoko ke wena zilahlele kuThixo, ube noxolo kunye naye; kwakuba njalo ke uya kuzuza okulungileyo.

[22] Aceita, pois, a orientação que vem da boca de Deus e deposita as suas palavras no coração.

[22]Yamkela imfundiso ephuma emlonyeni wakhe, uwamilisele entliziyweni yakho amazwi akhe.

[23] Se te voltares para o Todo-Poderoso, serás edificado; se afastares a prática da injustiça da tua tenda,

[23]Ewe, ukuba uyabuyela kuSomandla uya kwakheka; nto nje wena lahla la manyondololo aqhubeka kulo mzi wakho.

[24] deitares ao pó as tuas riquezas e o ouro puro de Ofir que possuis às pedras dos ribeiros,

[24]Igolide yakho yilahle, neyona yodidi yaseOfire yithathe njengamatye nje aphaya entlanjeni.

[25] então, o Todo-Poderoso voltará a ser o teu tesouro mais precioso e a tua prata predileta.

[26] Então te deleitarás no Todo-Poderoso e erguerás o teu rosto para Deus.

[27] Tu orarás a Deus, e ele te ouvirá; e pagarás os teus votos.

[28] Tudo que planejares realizar dará certo, e a luz brilhará constantemente em teus caminhos.

[29] Quando teus semelhantes sofrerem qualquer abatimento, proferirás: 'Haja alento e disposição!' E Deus salvará o humilde.

[30] E mais, livrará até o que não é inocente, que será libertado graças à pureza que há em ti, em tuas mãos e comportamento.

[25]Kuphela igolide yakho mayibe nguSomandla, neengqumba zesiliva yakho mayibe kwanguye.

[26]Wakuba wenjenjalo ke uya kukholosa ngoThixo uSomandla, ubujongise kuye ubuso bakho.

[27]Uya kuthandaza kuye eve; ngokunjalo ke nezibhambathiso zakho uzifezekise.

[28]Izigqibo zakho ziya kuphumelela, ngokunjalo nendlela yakho ibe mhlophe.

[29]Xa abantu bekhahlelwe phantsi uze uthi: 'Nceda ubaphakamise.' UThixo uya kubahlangula abazithobileyo;

[30]ewe, ude ahlangule nongekho msulwa, emsindisa ngobunyulu bezandla zakho."

Jó 23

Jó deseja apresentar-se perante Deus e confia na sua misericórdia

[1] Diante do exposto, Jó tomou a palavra e respondeu:

[2] 'Até o presente momento reclamo com revolta e amargura; apesar dos meus gemidos a mão dele pesa forte sobre a minha vida.

[3] Ah! Se eu soubesse onde poderia encontrá-lo! Então, me chegaria ao seu tribunal.

[4] Eu lhe apresentaria a minha causa e a minha boca estaria repleta de argumentos.

[5] Ouviria atentamente o que ele me responderia e avaliaria com cuidado tudo quanto me dissesse.

[6] Porventura, segundo a grandeza de seu poder, contenderia comigo? Penso que não! Ele não me acusaria de nada.

UYobi 23

UYobi: Oko uThixo afuna ukukwenza uyakwenza

[1]UYobi uphendule wenjenje:

[2]"Nanamhlanje ndisamkhalazela ndikrakra uThixo, kuba undiphethe gadalala nakuba sendincwina kangaka nje!

[3]Akwaba bendimazi apho akhoyo, ndiyazi nendlela eya apho ahlala khona.

[4]Bendiya kusibeka isikhalo sam phambi kwakhe, ndixoxe ndizithethelele.

[5]Bendiya kukhe ndimve ukuba uthini na; ndive ukuba uthetha ntoni na.

[6]Ngaba angasunduzana nam ngaloo mandla akhe? Hayi, uThixo ngeke akwenze oko.

[7] Ali, o homem íntegro pleitearia com ele, eu seria considerado inocente e sairia liberto da presença do meu juiz.
[8] Entretanto, se busco no Oriente, lá ele não está; se parto para o Ocidente, tampouco o encontro.
[9] Quando ele está agindo no norte, não o consigo enxergar; quando suas ações ocorrem no sul, nem a sombra dele me é possível perceber.
[10] Todavia, ele conhece bem o caminho por onde passam meus pés; se me colocar à prova, constatará que sairei puro como o ouro refinado.
[11] Os meus pés acompanharam as suas pegadas; mantive-me no seu Caminho sem desviar-me dele para lado nenhum.
[12] Jamais me apartei dos mandamentos de seus lábios, dei mais valor às palavras de sua boca do que ao meu próprio pão de cada dia.
[13] Contudo, Ele é o Todo-Poderoso! Quem lhe poderá fazer qualquer oposição? Ele faz o que decide fazer, e realiza quando deseja.
[14] Sendo assim, ele cumprirá o que está decidido a meu respeito e todos os demais planos que tem consigo.
[15] Por esse motivo fico apavorado diante dele; pensar em tudo isso me enche de temor.
[16] Deus fez o meu coração desfalecer de medo, o Todo-Poderoso causou-me grande pavor.
[17] Contudo, as provações não me fizeram calar, e as densas trevas que cobrem o meu rosto não puderam silenciar-me.

Jó 24

[7]Kaloku enkundleni yakhe amalungisa aphuma phambili. Ke ngoko uMgwebi wam ebeya kundigwebela kuphele.
[8]“Ndikhangele ndamfuna empumalanga, kodwa andimfumani; ukanti nasentshonalanga andimbhaqanga.
[9]Nokuba usebenza kwelasentla andimboni; xa ebuyela kwelasezantsi usithele emehlweni am.
[10]Phofu ke uThixo uyayazi indlela endiyihambayo; ukuba unokukhe andivavanye ndingafumaneka ndimsulwa okwegolide.
[11]Kaloku iinyawo zam zilandela emkhondweni wakhe; indlela yakhe ndiyigcinile, andaphambuka kuyo.
[12]Andiyishiyanga imiyalelo yemilebe yomlomo wakhe; andenzanga ngokufuna kwam, koko ndiwathobele amazwi akhe.
[13]Xa enze isigqibo ngubani ongamjikayo? Oko afuna ukukwenza uyakwenza.
[14]Ngoko ke uya kukufezekisa konke oko andimisele kona, nditsho nokuba yintoni na ayicebileyo ngam.
[15]Ngoko ke ndisuka ndirhwaqele phambi kwakhe; ewe, ndithi ndakucinga ngaye ndinkwantye.
[16]NguThixo lo unditsho ndoyika kangaka! Ewe, nguSomandla lo undirhwaqelisayo.
[17]Phofu bona ubumnyama abundivalanga umlomo, nditsho esi sithokothoko sigqume ubuso bam.”

UYobi 24

Jó contesta que os ímpios, muitas vezes, fiquem sem castigo nesta vida

1 “Por que o Todo-Poderoso não estabelece um tempo de julgamento geral sobre a terra? E por que os que o conhecem sequer sabem quando esse dia chegará?

2 Há aqueles que fraudam as fronteiras de seus pastos, mudam os marcos que limitam o gado e assim roubam os rebanhos de outrem.

3 Sequestram o jumento que pertence ao órfão e levam o boi da viúva como penhor.

4 Forçam os necessitados a sair do caminho e os pobres da terra a esconder-se.

5 Como se fossem jumentos selvagens no deserto, os pobres partem em busca do pão de cada dia; na terra deserta encontram o que dar de comer a seus filhos.

6 Juntam forragem nos campos e trabalham duro nas colheitas dos maus; respingam nas vinhas dos ímpios.

7 Passam a noite desprovidos de roupas; não têm como agasalhar-se no frio.

8 Encharcados pelas chuvas das montanhas, abraçam-se às rochas por falta de abrigo.

9 As crianças órfãs são arrancadas do seio de suas mães para servirem como escravos; o recém nascido do pobre é tomado à força, em pagamento de dívidas.

10 Por falta de roupas, andam nus; transportam pesados feixes, mas continuam esfomeados.

UYobi: UThixo akazisi enkundleni izikhohlakali

1“Ngani ukuba uSomandla angalimisi ixesha lokugweba? Kutheni ukuba nâbo bamaziyo bangayiboni loo mini?

2Abantu bayawushenxisa umlima-ndlela. Ewe, beba iigusha bazifuye emadlelweni.

3Bayayohlutha idonki yenkedama; babambisa ngenkabi yenkomo yomhlolokazi.

4Amahlwempu bayawagila aphume endleleni, babanyanzelisele ekuzimeleni abaziintsizana belizwe.

5Ewe, abahlelelekileyo bavuka kusasa, bexelengela ukutya kwabo, oku kweqwarha elibhadula ezindle lifuna ukutya koozintlango; yinkqantosi kuphela ebonelela abantwana babo ngokutyiwayo.

6Ukutya kwabo bakuvuna efusini, bakhwahlaze izidiliya zezikhohlakali.

7Ebusuku balala ngengub' esele; abanazo iingubo zokubakhusela engqeleni.

8Ezintabeni phaya iimvula zibatsho babe manzi tixi, bemana bezikhusela ngokuncathama emaweni.

9Abakhohlakeleyo bathimba iintsana eziziinkedama ezisesebeleni; bathatha iintsana zamahlwempu zibe sisibambiso.

10Ewe, amahlwempu ahamba ze engenampahla; athwala izithungu izisu zithe nca!

[11] Esmagam azeitonas entre as pedras de moinho, pisam uvas nos lagares, contudo, mesmo assim, padecem de sede.

[12] Desde as cidades ouvem-se os gemidos dos que estão prestes a morrer, e a alma dos feridos clama; e, mesmo assim, Deus não escuta os seus pedidos de socorro.

[13] Os perversos são adversários da luz, não conhecem os seus caminhos, nem permanecem nas suas veredas.

[14] De manhã o assassino se levanta e parte em busca de suas vítimas: os pobres e os necessitados; de noite age como ladrão.

[15] Os olhos do adúltero ficam à espreita do cair da tarde; este diz consigo: 'Ninguém me reconhecerá' e cobre o rosto.

[16] Em meio às trevas os homens maus invadem as casas, mas de dia se enclausuram; a luz para eles é um desprazer.

[17] O romper da aurora para tais pessoas é como a sombra da morte; contudo, se sentem em casa em meio aos horrores das trevas.

[18] Entretanto, os maldosos são como espuma que é levada e logo se dissipa na superfície das águas; a porção dos perversos sobre a terra é amaldiçoada, e por isso já não andam pelo caminho a trabalhar nas vinhas.

[19] A secura e o calor desfazem as águas da neve; assim é a ação do Sheol, da sepultura, consumindo rapidamente os que pecaram.

[20] Sua própria mãe os esquecerá, os vermes se banquetearão com seus corpos; jamais

[11]Akhama ioyile eminqumeni, axovule newayini ezidiliyeni; kodwa wona ngokwawo abe enxaniwe.

[12]Ezixekweni kuncwina amadoda, iingxwelerha ziyahlahlamba zicela uncedo, kodwa yena uThixo akazisi enkundleni izikhohlakali."

UYobi: Inkqubela yabakhohlakeleyo yeyexeshana nje

[13]"Kukho abantu abangafunaniyo nokukhanya, abangafuni nokuziqonda iindlela zako, futhi bengahambisani nako mpela!

[14]Izikrelemnqa zivuka ekuseni ziye kugebenga abahlelelekileyo, kuze kuthi kwakuhlwa zijike zibe ngamasela.

[15]Ke bona abakrexezi balinda ungcwalazi, ufike sebefihl' ubuso, besithi: 'Andiyi kubonwa.'

[16]Ebusuku amasela aqhekeza izindlu, aze kwakuba semini azimele angafunani nokukhanya.

[17]Isithoko-thoko sobumnyama sifana nemini kubo; ubusuku oboyikekayo bunjengomhlobo kubo.

[18]"Isikhohlakali sikhukuliswa sisikhukula; amasimi asisabelo saso ashwatyulelwe, akusekho bani usebenzayo ezidiliyeni zaso.

[19]Ikhephu liyanyibilika lakudibana nobushushu nembalela; ngokunjalo naboni bayavuthuluka kwelabafileyo.

[20]Nditsho nonina uyamlibala; kaloku umemethwe ziimpethu, akabi sakhunjulwa.

alguém se lembrará dessas pessoas; como árvore seca será quebrado o injusto.

21 Os maus despojam a estéril e sem filhos e não demonstram a menor consideração para com a viúva.

22 Contudo, é Deus, mediante seu poder, que destrói os ímpios ainda que firmemente estabelecidos; Deus os arranca de seus lugares e acaba com as vidas dos perversos.

23 Deus permite que vivam seguros, entretanto vigia com toda atenção os caminhos que escolhem seguir.

24 Assim, durante algum tempo os malignos prosperam, mas em um momento secam como o capim, e são cortados como as espigas de trigo.

25 Quem, pois, pode afirmar que o que estou dizendo não corresponde à realidade? Quem poderá provar que estou mentindo ou corrigir minhas palavras?

Jó 25

Bildade sustenta que o homem não pode, sem presunção, justificar-se diante de Deus

1 Diante do exposto, Bildade, da região de Suá, afirmou:

2 "Deus é todo-poderoso e deve ser reverenciado com amor e obediência; Ele é que faz com que haja ordem e paz nos céus que lhe pertencem.

3 Seria possível contar os exércitos de seus anjos? E a sua luz, sobre quem não haverá de se levantar?

4 Assim, como então pode o ser humano ser justo diante de Deus? Como pode ser puro quem nasce de mulher?

Ewe, isikhohlakali sinkumka oku komthi owomileyo.

21Kaloku sona siphanga abafazi abaziindlolo, singabenzeli inceba abahlolokazi.

22Ngamandla akhe uThixo uyazishenxisa izihandiba; ewe, uThixo uthi akusebenzisa amandla akhe zitsho ziphelelwe lithemba lokudla ubomi.

23UThixo noba angaziyeka zihlale zithe zava, kodwa usoloko ezijongile ukusuka nokuhlala kwazo.

24Abantu abakhohlakeleyo bahluma babe nenkqubela okwexeshana, kodwa yonke loo nto iphela ngokukhawuleza; bayadaka bafe njengamntu wonke, bayabuna oku kwesikhwebu sengqolowa esivuniweyo.

25"Ngubani ongayiphikisayo le nyaniso? Makavele ongandiphikisayo, athi nditheth' amampunge!"

UYobi 25

UBhildadi: Umntu akangebi msulwa enkundleni kaThixo

1Kwesi sithuba ke kuphendule uBhildadi umfo waseShuwa, wathi:

2"Kaloku uThixo nguSomagunya, nguDuma-barhwaqele; yaye ke ulugcinile ucwangco kweliphezulu.

3Ngaba ukhona na ongazibalayo izinxiba-mxhaka zakhe? Khona ngaba kuphi apho lungabonakaliyo ukhanyiso lwakhe?

4Ngaba kungenzeka ukuba umntu afumaniseke emsulwa enkundleni kaThixo? Uthi ingenzeka into yokuba umntu ozelwe ngumfazi angabi nabala?

[5] Até a lua não tem brilho próprio, e as estrelas não são puras aos olhos dele;

[6] muito menos o será o homem, que não passa de um verme, e o filho do homem, que é um vermezinho!”

[5]Kaloku nenyanga ngokwayo ayiqaqambanga kangako phambi kwakhe; kanti neenkwenkwezi ezi azingcwenganga kangako kuye.

[6]Kuxa engubani ke yena umntu, eyimpethu nje? Uthi unaxabiso lini unyana womntu kuThixo, engumbungu nje?”

Jó 26

Jó repreende Bildade e exalta o poder de Deus

[1] Então Jó tomou a palavra e contestou:

[2] “Como sabes ajudar ao desfalecido e frágil; como emprestas forças ao braço enfraquecido!

[3] Como tens aconselhado o que não tem sabedoria! E como tens revelado o verdadeiro conhecimento em toda sua plenitude!

[4] Quem o teria ajudado a proferir palavras tão maravilhosas? E de quem é o espírito que fala em ti?

[5] A alma dos mortos tremem debaixo das águas com seus habitantes.

[6] O Sheol, o além, está desnudo diante de Deus, e o Abadom, o abismo da destruição, não está oculto aos seus olhos.

[7] É Deus que estende os céus do Norte sobre o espaço vazio; suspende e equilibra a terra sobre o nada.

[8] Retém as águas em suas densas nuvens, e as nuvens não se rompem sob o imenso peso delas.

[9] É Deus que cobre a face da lua cheia estendendo sobre ela as suas nuvens.

UYobi 26

UYobi: Ùluncedo kubani na?

[1]Ke yena uYobi uphendule wenjenje:

[2]“Kuthi mandivume ndithi ùluncedo kwababhetye-bhetye! Hayi kambe ukubahlangula kwakho abo baswele amandla!

[3]Ewe, uzicebise kakuhle izityhakala; hayi, ubulumko obubonakalisileyo!

[4]Phofu uthi ngubani ongade aweve la mazwi akho? Khona futhe lini eli uthetha uphantsi kwalo?”

UYobi: Ngubani ongade akuqonde ukuzongoma kwamandla kaThixo?

[5]“Abafileyo bayabhinyalaza kukunkwantya, kanti ke nelo lamanzi liyazibhija-bhija kunye nabemi balo.

[6]Ewe, elabafileyo lityhilekile phambi koThixo; ayinasigqubuthelo inzonzobila.

[7]Kaloku uThixo wasitwabulula isibhakabhaka ngasentla phaya, waza umhlaba wawujingisa enyanyeni.

[8]Nguye ofaka amanzi kwiingqimba zamafu, aze loo mafu awabophe angagqajuzwa bobo bunzima bamanzi.

[9]Uyayifihla inyanga ingabonakali; ewe, utwabulula ilifu lithi zinzi, itsho ifihlakale.

[10] Determina o horizonte sobre a superfície das águas para que sirva de limite entre luz e trevas.

[10]Wakwahlula ukukhanya ebumnyameni ngeso sazinge sizotywe elundini lolwandle.

[11] As colunas dos céus se abalam e ficam atônitas perante sua repreensão.

[11]Uthi angakhalima zitsho zihexe iintsika ezixhase isibhakabhaka; ewe, zitsho zizama-zame zingcangcazele kukoyika.

[12] Fende o mar mediante a expressão do seu poder e com sua sabedoria despedaça Raabe, o Monstro dos Mares.

[12]Kaloku yena ngaloo mandla akhe waluthomalalisa ulwandle, waza kwangobo buchule bakhe wamvikiva uRahabhi isilo saselwandle.

[13] Com seu sopro os céus ficaram límpidos e com o toque de sua mão fere a poderosa e veloz serpente.

[13]Ngomoya wakhe ufutha sitsho sicwenge isibhakabhaka; kanti ke ikwasisandla sakhe esangxwelerha inyoka enyubelezayo.

[14] E isso tudo representa apenas a ínfima parte de todo o seu poder e das maravilhas de suas obras! Um suave sussurro é o que ouvimos de Deus. Todavia, quem será capaz de compreender o trovão e a luz do seu poder?”

[14]Kambe ke la ngamagqabantshintshi nje amandla akhe. Thina esikuvileyo lumingi-mingi nje! Ibingubani ke ongade akuqonde ukuzongoma kwamandla kaThixo?”

Jó 27

Jó sustenta sua integridade e sinceridade

[1] Prosseguindo Jó em sua contestação, afirmou:

[2] “Tão certo como Deus é vivo, que me tirou o direito, e o Todo-Poderoso, que me amargurou a alma;

[3] enquanto eu tiver alento, e o sopro de Deus, seu espírito de vida, estiver fluindo em minhas narinas,

[4] os meus lábios não expressarão maldade alguma, tampouco deixarei que minha língua pronuncie qualquer palavra enganosa.

[5] Longe de mim eu vos dar razão; até que eu morra, jamais me afastarei da minha integridade.

UYobi 27

UYobi: Liyintoni na ithemba labangenaThixo?

[1]Ke kaloku uYobi uphinde wathathisa wenjenje:

[2]“Ekho nje uThixo, lo undivimb' ubulungisa, nditsho uSomandla lo uwenze umphefumlo wam wangcamla ubukrakra:

[3]Ukuba ndisaxomoloza ndisadl' amazimba, xa ngaba ndisaphila ndinomphefumlo kaThixo emathatheni am,

[4]imilebe yam ayisokuze ithethe inkohlakalo, ngokunjalo nolwimi lwam alusoze luthethe inkohliso.

[5]Andisoze ndithi ninyanisile, futhi ndiya kude ndife ndibambelele kwinyaniso yokuba ndimsulwa.

[6] Manterei a minha honestidade e nunca a abandonarei; enquanto eu viver, a minha consciência não haverá de se arrepender do bem.

[6]Ndiya kuthi nca kwinto yokuba ndililungisa; andisoze ndibe nasazela yonke imihla yam.

[7] Seja o meu inimigo como o ímpio, e os meus adversários como os injustos!

[7]“Akwaba utshaba lwam lwafumana isohlwayo sabakhohlakeleyo, ngokunjalo nombandezeli wam azuze isiphelo sabangenabulungisa.

[8] Pois, qual é a esperança do ímpio, quando é destruído, quando Deus lhe tira a vida?

[8]Liyintoni na ithemba labangenaThixo mhla wabunqumla ubomi babo uThixo?

[9] Porventura Deus ouvirá o seu clamor, quando chegar a hora da aflição e da dor?

[9]Xa sele kunyembelekile kubo, uthi uThixo angaze asive isikhalo sabo?

[10] Conseguirá ele ter prazer no Todo-Poderoso? Invocará a Deus em todo o tempo?

[10]Khona bangaziyolisa na ngoSomandla? Bangamnqula na uThixo ngamaxesha onke?

[11] Eu vos instruirei acerca do poder de Deus; não vos ocultarei os caminhos do Todo-Poderoso.

[11]“Makhe ndinifundise ngobukhulu bamandla kaThixo; mandingazifihli izicwangciso zikaSomandla.

[12] Porquanto a verdade é que todos vós já recebestes este ensino; por que vos entregais totalmente às palavras inúteis?

[12]Hayi gxebe, senizibonele nje ngokwenu; ngani ke ukuba nibe sathetha imfungu-mfungu enje?

[13] Eis qual será da parte de Deus o quinhão do ímpio e a herança que os opressores receberão do Todo-Poderoso:

[13]“Naso ke isabelo sezikhohlakali kuThixo; elo ke lilifa lezibhoja kuSomandla.

[14] Se os seus filhos se multiplicarem, será isso para a espada; e a sua prole jamais terá alimento suficiente.

[14]Noba zingade zibe nenyambalala yoonyana bosuka babe lilifa lekrele emfazweni; ewe, inzala yazo yasoloko ithiwe nca liphango!

[15] A epidemia sepultará aqueles que lhe sobreviverem, e as suas viúvas não lamentarão por eles.

[15]Nemingqandanda esindileyo itshayelwa ngubhubhani, baze nabahlolokazi bazo bangalili nokulila.

[16] Ainda que ele acumule prata como o pó da terra, e amontoe roupas como barro,

[16]Noba zingade zibe nemfumba yesiliva ngathi luthuli, zibe nempahla yokwambatha efumbe okodongwe,

[17] o que ele armazenar será destinado aos justos, e os inocentes dividirão sua prata.

[17]kosuka kuthi gqi lungisa lithile inxitywe lilo loo mpahla; kosuka kuvele abantu abamsulwa babelane ngaloo siliva.

[18] A casa que ele constrói é como casulo de traça, como cabana erguida pela sentinela.

[19] Rico ele se deita; contudo jamais o será! Assim que desperta pela manhã, todos os seus bens e riquezas se foram.

[20] Temores horríveis o alcançam como um dilúvio; a tempestade o arrebata durante a noite.

[21] O vento oriental o carrega, e ele se vai; sim, varre-o com violência do seu lugar.

[22] Porquanto atira contra ele sem poupá-lo, e ele, de forma precipitada, foge às pressas do seu poder destruidor.

[23] Sai o perverso em disparada e o vento assobia. E, gesticulando seus braços, o expulsa do seu lugar."

Jó 28

O homem tem ciência das coisas da terra, mas a sabedoria é dom de Deus

[1] "Na realidade, existem minas de prata e muitos lugares onde se refina o ouro.

[2] O ferro é tirado da própria terra, e da pedra se funde o cobre.

[3] Os homens põem limites às trevas e exploram até os confins as rochas na escuridão e nas mais densas trevas.

[4] Abrem um poço longe das regiões onde habitam, em lugares esquecidos pelo viajantes; distante dos homens, penduram-se e balançam de um lado para o outro.

[5] Da terra procede igualmente o pão, mas por baixo é remexida como que pelo fogo;

[18]Isikhohlakali sakha indlu efana nesingxobo seqonya; sakha into engathi liphempe labalindi.

[19]Isikhohlakali silala sinobutyebi, kodwa siyagqibelisa – sivuka sebuphel' emehlweni.

[20]Sisuka sirhwaqele ngathi siyarhaxwa; kaloku sitshayelwa sisaqhwithi ngobhadakazi.

[21]Kufika umoya wasempuma usitshayele, usuke usinqukrule singabi sazana nekhaya laso.

[22]Usuka usilenge ungenalusini tu; nakanjani kufuneka siwasabe amandla awo.

[23]Ewe, umoya usiqhwabela izandla, usihewule isikhohlakali simke endaweni yaso."

UYobi 28

UYobi: Ofun' ubulumko makahlonele uThixo

[1]"Ewe, ikho imigodi yesiliva; ngokunjalo zikho neendawo zokuhluza igolide.

[2]Abantu bemba isinyithi emhlabeni, baze banyibilikise ubhedu olusematyeni.

[3]Nenzonzobila yobumnyama abantu bayayihlola-hlola; baphicotha namathumbu omhlaba, baze bembe bacubungule kwimiwewe enzongo-nzongo yenzonzobila.

[4]Kude lé kwelimiweyo, apho kungazange kwathi cakatha mntu, abantu bayemba bavule imigodi, bajinga-jinge kwalunkcwe, bebotshelelwe ngeentambo.

[5]Phezulu apha lo mhlaba uvelisa ukudla; kanti ngaphantsi phaya ubhukuqwa ngathi ngumlilo.

[6] das suas rochas saem safiras, e seu pó contém pepitas de ouro.

[7] Nenhuma ave de rapina conhece aquele caminho secreto, e os olhos de nenhum falcão o vislumbraram.

[8] Os animais altivos jamais o pisaram, e nenhum leão caminhou por ali.

[9] As mãos dos homens atacam os duros rochedos e revolvem as raízes das montanhas.

[10] Fazem túneis através das rochas e os seus olhos descobrem todos os tesouros da região.

[11] Tapa as nascentes de água, e nem uma gota vaza delas; traz à luz o que estava escondido.

[12] Contudo, onde se poderá encontrar a sabedoria? Onde habita o entendimento?

[13] O ser humano não é capaz de perceber o valor do saber; afinal, a sabedoria não se encontra na terra dos viventes.

[14] O Abismo declara: ‘Não está em minhas entranhas!’ e o Mar afirma: ‘Em meu interior também não se encontra!’.

[15] O saber não pode ser comprado com o mais fino ouro, nem será trocado a peso de prata.

[16] Nem pode ser adquirido nem mesmo mediante o ouro puro de Ofir, tampouco com o precioso ônix ou safiras.

[17] O ouro e o cristal não se comparam com a sabedoria e é impossível obtê-la em troca das mais finas joias incrustadas em ouro puro.

[6]Kumatye omhlaba kuphuma iisafire, kanti ke lona uthuli lwawo luvelisa igolide.

[7]Amaxhalanga ngokwawo akazazi iindlela zasemigodini phaya, ngokunjalo zange zalanywa naliliso likakhetshe.

[8]Amarhamncwa anyalasayo akazange athi cakatha unyawo apho, nkqu nengonyama ayizange yadlula khona.

[9]Kaloku abantu baqhekeza bagqale nditsho nenyengane le; ewe, neentaba ngokwazo bayazibhukuqa, bazisiphule neengcambu.

[10]Basuka bagqobhoze iitonela emaweni, lize iliso labo liwabhaqe amatye axabisekileyo.

[11]Imithombo yakhona bayayivingca ingampompozi, baze bazidandalazise izinto ezifihlakeleyo.

[12]“Kambe ke, bungaze bufumaneke phi ubulumko? Khona lona ulwazi lungazuzwa phi?

[13]Ewe, ubulumko abunakufumaneka ebantwini; kaloku akukho namnye ulaziyo nexabiso labo.

[14]Andithi na kaloku kwankqu neenzonzobila ezinzongo-nzongo, nditsho neelwandle, ziyabulandula?

[15]Kaloku bona abungekhe bufumaneke nangegolide ecikizekileyo, kanti nentabalala yesiliva ayinako ukubuhlawula.

[16]Neyona golide yaseOfire iyalaba-laba kwixabiso labo; nditsho namatye exabiso, nokuba yionike okanye yisafire.

[17]Ewe, abunakulinganiswa negolide, ukanti abunakuthelekiswa nayo nemveliso yegolide, nditsho nayo neglasi yodidi.

[18] O coral e o jaspe tampouco merecem menção, porquanto o preço da sabedoria é muito maior do que os rubis mais puros.

[19] O topázio de Cuxe, isto é, da Etiópia, não se compara com ela; tampouco pode ser comparada com o ouro puro.

[20] Ora, de onde vem, então, a sabedoria? Onde habita o entendimento?

[21] Em verdade está encoberta aos olhos de todo ser vivo, oculta inclusive das aves que voam mais alto no céu.

[22] O Abadom, o Aniquilamento e a Morte, proclamam: 'Eis que aos nossos ouvidos chegaram apenas rumores do que vem a ser sabedoria!'

[23] Deus conhece o Caminho! Só ele sabe onde habita a sabedoria,

[24] pois Deus contempla os confins da terra e observa tudo o que existe debaixo dos céus.

[25] Quando ele determinou a força do vento e estabeleceu as fronteiras exatas para as águas do mar;

[26] quando estipulou leis para a chuva e caminho para as tempestades trovejantes com seus relâmpagos;

[27] então observou a sabedoria e a avaliou; confirmou-a e a submeteu à prova.

[28] Então asseverou ao ser humano: 'No amor respeitoso ao Senhor está a sabedoria, e evitar o mal é ter entendimento!'

Jó 29

[18]Asisathethi ke ngeekorale neekristale, kuba kaloku bona ubulumko bubalasele ngexabiso, ndithi bugqwesa kwaiiperile.

[19]Ewe, netopazi yaseKushe ayinakulinganiswa nabo, ngokunjalo abunakuthengwa nangeyona ihluziweyo igolide.

[20]Ke, ngaba uphi owona mthombo wobulumko? Umntu angalufumana phi ulwazi?

[21]Abubonakali kuzo zonke izinto eziphilileyo, nditsho nakweyona intingayo intaka.

[22]Ewe, nokufa nentshabalalo, zombini ziyavuma, zithi: 'Luvakele nje umingi-mingi ngabo ezindlebeni zethu!'

[23]NguThixo kuphela owaziyo ngobulumko; nguye owaziyo umthombo wabo.

[24]Kaloku yena ubona nditsho namaphethelo ehlabathi, kuba kuye akukho nanye into efihlakeleyo phantsi kwamazulu.

[25]Ngokuya uThixo wayemisela umoya amandla awo, namanzi ewacandela umda wawo,

[26]nemvula eyenzela ummiselo wayo, nombane ewalathisa indlela,

[27]kanye ngelo thuba ke uThixo wabubona wabuphicotha ubulumko, waza ke wabumisela wabugoca-goca.

[28]Ke uluntu waluyalela wathi: 'Niyabona, ofuna ubulumko makathobele uThixo; ofuna ukuzuza ulwazi makabucezele ububi.' "

UYobi 29

Lamentação de Jó lembrando-se do seu primeiro estado

[1] Retomando suas ponderações, acrescentou Jó:

[2] "Ah! Quanta saudade tenho dos meses do passado, dos bons dias em que Deus me protegia do mal;

[3] quando a sua lâmpada brilhava sobre a minha cabeça, e mediante a sua luz eu caminhava seguro em meio à mais densa escuridão.

[4] Como tenho saudade dos dias de plena saúde, quando a amizade de Deus abençoava a minha casa!

[5] Quando o Todo-Poderoso permanecia junto a mim enquanto caminhávamos, e meus filhos estavam ao meu redor;

[6] quando os meus passos eram banhados em leite, e da rocha fluía torrentes de azeite puro sobre a minha cabeça.

[7] Quando eu saía para a porta da cidade, e na praça pública me era dado sentar-me entre os líderes,

[8] os jovens, respeitosamente, me davam passagem; assim como os idosos se colocavam em pé;

[9] os príncipes tomavam todo o cuidado ao falar, e chegavam a cobrir a boca com a mão.

[10] As vozes dos nobres e anciãos silenciavam, e suas línguas grudavam-se ao céu da boca.

[11] Todos os que me ouviam, consideravam-me feliz e quem me observava dava bom testemunho sobre meu modo de ser e agir;

[12] pois eu socorria e ajudava a todo necessitado que clamava por cooperação, e ao órfão que não tinha quem o amparasse.

UYobi: Akwaba ibinokubuyiselwa kum imihla yamandulo

[1]Ke kaloku uYobi wathathisa wathetha wenjenje:

[2]"Awu, akwaba ibinokubuyiselwa kum imihla yamandulo, ngokuya uThixo wayesandilondolozile,

[3]xenikweni isibane sakhe besikhanya phezu kwentloko yam, xa ndanditabhata nasebumnyameni endikhanyisela.

[4]Ewe, ngaloo mihla yamfamlibe ndandimi kakuhle; bendilala ngangubo-nye noThixo emzini wam.

[5]USomandla wayengakum ngoko, ndiphahlwe ngabantwana bam.

[6]Ngaloo mihla amasi ayedlal' abantwana kwam; ke yona iminquma ichuma nasematyeni, ithulula ioyile.

[7]"Ndandisithi ndakufika enkundleni ngasesangweni, ndakuthi zinzi phakathi kwamadoda amakhulu,

[8]abafana bathi gu bucala, ke zona iingwevu zime ngeenyawo.

[9]Ewe, ayesuka aphel' emqaleni kumatshawe, ufike selethe khebevu!

[10]Izikhulu zazisithi cwaka ngathi ulwimi lukhulekiwe enkalakahleni.

[11]Abandiva ndithetha babendincoma, kanti ababona izinto endizenzayo babendingqinela.

[12]Kaloku ndandisabela ndiwahlangule amahlwempu esakukhala; ukanti

13 O que estava à beira da morte me abençoava, e eu conseguia consolar o coração da viúva.

14 Eu me vestia de dignidade; minha roupa era a retidão e a justiça meu manto e meu turbante.

15 Eu enxergava pelos cegos; era os pés dos que tinham dificuldade para andar.

16 Era pai dos pobres e advogava com dedicação a causa dos desconhecidos.

17 Quebrava os caninos dos ímpios e arrancava a presa dos dentes dos perversos.

18 E então imaginava eu: 'Morrerei no aconchego da minha casa, e os meus dias serão numerosos como os grãos de areia!

19 As minhas raízes chegarão até as águas, e o revigorante orvalho passará a noite nos meus ramos.

20 Minha honra se renovará em mim, a cada dia meu arco se fortalecerá na minha mão!'

21 Assim, os homens me escutavam com todo respeito, e sem reclamações, em silêncio, atendiam o meu conselho.

22 Havendo eu falado, não replicavam; as minhas palavras caíam sobre eles como doce e suave orvalho.

23 Esperavam por mim com grande expectativa, como quem espera por uma boa chuvarada, e bebiam minhas palavras como quem abre a boca para apreciar as primeiras chuvas da primavera.

ndazibonelela neenkedama ezazingenamncedi.

13Ababesindakala ndaza ndabanceda babendincoma, ukanti nabahlolokazi ndandibanceda batsho baba neengoma ezintliziyweni zabo.

14Ndandivatha ubulungisa njengesinxibo sam; ukwenza okulungileyo kwakuyingubo yam neqhiya yam.

15Ndandingamehlo kwiimfama, ndiziinyawo koqhwalelayo.

16Ndandingutata kumahlwempu, neengxaki zabasemzini bendizithabathela kum.

17Yayindim umaphul' iimpondo kwizibhoja, amaxhoba azo ndiwathi hlasi emilonyeni yazo.

18"Ndandisithi: 'Ndiya kukhula ndide ndikhokhobe endlwini yam, nemihla yam ibe mininzi njengentlabathi.'

19Ndandifana nomthi ongcambu zinabele emanzini, omasebe asoloko elalelwa ngumbethe.

20Udumo lwam lwaluhlala luhlaziyeka, amandla am engapheli nokuphela.

21"Ndandisithi ndakuthetha kutsho kuthi cwaka, abantu bewaphulaphula amacebiso am.

22Ndandilebela xa ndithethayo, kungekho mntu unokongeza; kaloku amazwi am ayezika njengemvula.

23Ndandilangazelelwa oku kwemvula, amazwi am bewaginya oku komhlaba uginy' imvula entlakohlaza.

[24] O meu sorriso era capaz de motivá-los quando estavam deprimidos; a luz do meu rosto lhes fazia recobrar a alegria de viver.
[25] Eu avaliava e escolhia o caminho que deveriam seguir, assentava-me como seu líder e habitava como rei entre suas tropas; era considerado como consolador dos que sofrem!”

Jó 30

Jó descreve o estado miserável em que caiu

[1] “Agora, entretanto, jovens que não respeitam a minha idade, cujos pais eu preteri por justo motivo, negando-lhes inclusive estar com os cães do rebanho, se riem da minha situação.
[2] Contudo, de que me serviria a força de suas mãos, já que desapareceu o seu vigor?
[3] Desfigurados de tanta necessidade e fome, chegavam a roer o que encontravam pelas terras ressequidas por onde caminhavam a esmo; em sombrios, áridos e devastados desertos.

[4] Nos campos de mato rasteiro apanhavam ervas, e a raiz da giesta era o seu alimento.

[5] Do meio da comunidade foram expulsos aos gritos, como se fossem criminosos.
[6] Foram obrigados a habitar nos desfiladeiros escuros, nas cavernas da terra e dos penhascos.
[7] Rugem entre os arbustos, ajuntam-se amedrontados sob os espinheiros.

[8] São filhos de insensatos, filhos de gente sem nome; foram enxotados da terra.

[24]Babekhuthazeka ndakuncuma; ukukhululeka kobuso bam bekubomeleza.

[25]Ndandingqendeva njengomnumzana, ndithethe kume ngam; ndandibakhokela njengenjengele kwimikhosi yayo; ndandibaxhasa njengothuthuzela abadakumbileyo.”

UYobi 30

UYobi: Ngoku ndisebugxwayibeni

[1]“Xa kunamhlanje-nje sendisisigculelo nakubafana abayise bendingabazele nto, ebendingeze ndabashiya nezinja zam ezalusa iigusha.

[2]Bebeligqubа nje ekungekho yalo, amabhetye-bhetye angenakwenza nto tu!

[3]Bangamahlwempu alambayo, ahamba ngobusuku, ufike enqunquda iingcambu emqwebedwini phaya.

[4]Balamba kangangokuba ungafika besimba iinqoba emqwebedwini, bade batye neengcambu zemithi.
[5]Abantu babagxothile phakathi kwabo; basuke babahewula bangathi bachil' isela!
[6]Kuye kwanyanzeleka ukuba baye kuhlala emiqolombeni, emingxunyeni, nasezimfanteni emaweni.
[7]Bakhonya phakathi kwamatyholo, ufike sebethe buthalala phantsi kwemithi.
[8]Awu, ziinjubaqa; sisizukulwana soongantweni eside sagxothwa nakwelakowazo!

[9] Entretanto, neste momento, me tornei tema para suas canções e lhes sirvo de metáfora e dito popular.

[10] Essa gente me odeia, tais pessoas se afastam de mim; não hesitam em cuspir em meu rosto.

[11] Agora que Deus afrouxou a corda do meu arco de guerra e me prova com humilhação, eles sacudiram para longe de si os freios diante da minha face.

[12] À direita esses impiedosos me atacam; preparam ciladas para os meus pés e constroem rampas de cerco contra mim.

[13] Destroem a minha vereda, promovem a minha calamidade, não há quem consiga detê-los.

[14] Avançam como por uma enorme brecha, precipitam-se violentamente por entre as ruínas.

[15] Sobrevieram-me temores horríveis; vejo a minha dignidade sendo varrida pelo vento; meus sentimentos de paz e segurança se desfizeram como uma nuvem no céu.

[16] E agora vejo a minha vida definhando; estou preso a dias de sofrimento.

[17] A própria noite penetra os meus ossos; minhas dores me torturam sem cessar.

[18] Em seu grande poder, Deus agarrou-me pela garganta com tanta violência que desfigurou toda a minha roupa; aperta-me com a própria gola da minha túnica.

[19] Lança-me na lama, e me vejo reduzido a pó e cinza.

[20] Clamo a ti, e não me respondes; coloco-me em pé, e não atentas aos meus rogos.

[9]“Ngoku ke sebendicabela nasezingomeni zabo; ewe, sendisisimbo nesigculelo sabo.

[10]Ewe, ngoku bandidelile, bayandenyanya; bathi bangandibona banditshicele ebusweni!

[11]Ngenxa yokuba uThixo undiyekele ndatsho ndangugqush' eluthulini, nabo ke ngoku baziqhawule iintambo zokulawulwa ndim.

[12]Ngasekunene bafunzela ukundihlasela belihlokondiba; ewe, bayandijoka, futhi sebezimisele ukundihlabanisela.

[13]Bayandiqhiwulela endleleni, befuna ukundigqiba, besithi: ‘Akanabani ongamncedayo.’

[14]Bandihlasela ngathi batyhoboza kwindawo ebanzi; baphoseka kum becanda amabhodlo.

[15]Ngoku ke sendirhawulwe kukunkwantya; isidima sam sivuthuluke ngathi siyavuthelwa, ukukhuseleka kwam kubhange oku komfankungu.

[16]“Ngoku ndisebugxwayibeni, kuba imihla yenkathazo indibambile.

[17]Ebusuku ndiqaqanjelwa nangamathambo la; iintlungu ezindidlayo azipheli.

[18]Ndigxavulwa ngeempahla zokunxiba, ndidlakazeliswe; ndiyakrwitshwa sisambatho, ndibanjwe ngobhongwana.

[19]UThixo undiphose eludakeni; andisento, sendifana nothuli nothuthu.

[20]Ndiba ngakhala ndikubongoza, akundiphenduli; ndiba ngazibika kuwe, akundihoyi.

[21] Tornas-te insensível à minha pessoa e com a força da tua mão me espancas.
[22] Me ergues sobre o vento, fazes-me cavalgar sobre ele e me dissolves em meio à tempestade.

[23] Entendo que me conduzirás à morte, ao lugar destinado a todos os viventes!

[24] Em verdade, não há quem dê a mão ao homem que cai em desgraça, nem mesmo quando este, em seu momento de ruína e aflição, grita suplicando por ajuda.
[25] Ora, não chorava eu por causa dos que passavam necessidades? Quantas vezes minha alma se angustiou pelos pobres e aflitos?
[26] Contudo, quando esperava eu receber o bem, me sobreveio o mal; quando saí em busca de luz, encontrei as trevas!
[27] O meu interior se angustia terrivelmente e não consigo descansar; os dias de aflição caem um a um sobre a minha cabeça.
[28] Perambulo como enlutado e nem vejo a luz do sol; levanto-me no meio da comunidade e clamo por socorro.
[29] Tornei-me irmão dos chacais e companheiro das corujas.

[30] Minha própria pele escurece e descola do meu corpo que queima de febre.

[31] Já afinei minha harpa para cantos fúnebres, e minha flauta para o som de pesar e choro.

Jó 31

Jó declara sua integridade nos seus deveres

[21]Wena ngoku ujike wandikhohlakalela, undihlasela ngengalo yakho enamandla.
[22]Uyandiphakamisa undiyekele ngomoya undibhudle; ndiyaqotha-qotheka ndiqwengwa sisaqhwithi.
[23]Ndiyaqonda ke ukuba undinikezela ekufeni, apho baya kuphelela khona bonke abaphilayo.

[24]“Kambe akukho hlwempu elizibikayo endingalincedanga, nditsho elaliphakamisela izandla kum licela uncedo.

[25]Andithi na kaloku ndandilila kunye nabasezingxakini, umphefumlo wam udandatheka ngenxa yamahlwempu?
[26]Mna ndithe ndijonge okuhle kwathi gqi okubi; bendilindele ukukhanya, suka kwathi nyalulu ubumnyama.
[27]Ndithiwe fithi lunxunguphalo, alundiphe thuba; imihla ngemihla ndihlangatyezwa yinkathazo.
[28]Ukukhanya akukho, ndihamba ndigutyungelwe bubumnyama; into endiyenzayo embizweni kukuzibika.
[29]Ngoku sendingumlingane woodyakalashe; ewe, ndiliqabane leenciniba.
[30]Ulusu lwam selujike lwamnyama, futhi luyaxobuka, ibe ke nomzimba wam lo uyagcadeka.

[31]Ihapu yam ngoku seyijike yaba yeyesililo, nefluthi yam ngoku seyisenza isijwili.”

UYobi 31

UYobi: Ndiwandlalile umcimbi wam; uSomandla makandiphendule

[1] "Estabeleci um pacto com meus olhos de não atentar com cobiça por donzela alguma.

[2] Porquanto que porção eu teria de Deus, lá dos céus, e que herança do Todo-Poderoso, lá das alturas?

[3] Ora, não está destinada a ruína para os perversos, e o desastre para os que praticam o mal?

[4] Não observa Deus todos os meus caminhos e não avalia cada um de meus passos?

[5] Se tenho agido com alguma falsidade, e se os meus pés têm se apressado a enganar,

[6] Deus me pese em balanças fiéis e bem equilibradas e concluirá que nada devo.

[7] Se tenho desviado os meus passos do caminho, e se o meu coração tem seguido os meus olhos, e se as minhas mãos estão manchadas de culpa;

[8] então que outros comam o que semeei, e que minhas plantações sejam arrancadas pelas raízes.

[9] Se o meu coração se deixou apaixonar por outra mulher, ou se fiquei à espreita na porta do meu próximo,

[10] então que minha esposa seja obrigada a moer cereal para outro homem, e outros ainda se deitem com ela.

[11] Pois proceder assim seria um crime hediondo; sim, em verdade, seria uma maldade a ser punida pelos juízes;

[12] porquanto seria fogo que consome até o Abadom, a destruição infernal, e consumiria toda a minha colheita.

[1]"Ke mna ke sendazimisela ngomxhelo wam wonke ukuba kungáze kubekho ntombi ndiyincwasayo.

[2]Ke, siyintoni isabelo somntu kuThixo? Liyintoni ilifa kuSomandla kweliphezulu?

[3]Abangalunganga ubathwaxa ngezibetho, aze abo bangamatshijolo abayekele ngentlekele.

[4]Andithi na kaloku yena uyazazi iindlela zam, ewabala onke amanyathelo am?

[5]"Ndiqinisekile andizange ndenze buqhophololo, ndingazanga ndakhohlisa mntu.

[6]Makhe ndibekwe esikalini kungekho xanasi ukuze uThixo aqonde ukuba ndimsulwa.

[7]Ukuba ngaba nditenxile endleleni, ndaza ke ndabhaduliswa yiminqweno, okanye ukuba izandla zam zidyojwe bububi,

[8]izilimo zam mazixhatshazwe mntu wumbi, yonke into endiyilimileyo mayincothulwe neengcambu.

[9]"Ukuba ngaba ndikhe ndancwasa omnye umfazi, okanye ndaya kumxhwarhela ngasemasangweni ommelwane,

[10]umfazi wam ngamana wagubela enye indoda; ewe, ngamana wambathwa bantu bambi.

[11]Kuba eso ingaba sisenzo esigwenxa, ingaba lityala elifanelwe kukugwetywa.

[12]Loo nto ingaba njengomlilo otshabalalisayo, otshisa yonke imveliso yam.

[13] Se desprezei o direito e a justiça do meu servo ou da minha serva, quando eles defenderam sua causa para comigo,

[14] então que faria eu quando Deus me confrontasse? Que lhe diria quando chamado a prestar contas?

[15] Aquele que me teceu no ventre materno de igual modo não criou os meus servos? Não foi o mesmo Deus que formou a mim e a eles, no útero de nossas mães?

[16] Se não consegui atender os desejos dos pobres, ou se fiz desfalecer os olhos da viúva que aguardava minha ajuda;

[17] ou se tenho saboreado sozinho o meu alimento, mas ao órfão não permiti que compartilhasse dele,

[18] considerando que desde a minha juventude o criei como se fosse seu pai, e desde o meu nascimento tenho protegido a viúva;

[19] se vi alguém morrer por falta de roupa ou agasalho, ou o necessitado sem cobertor,

[20] e o seu coração não me abençoou porque o aqueci com a lã de minhas ovelhas,

[21] se ergui a mão contra o órfão, valendo-me da influência que exerço no tribunal;

[22] então que o meu braço se rasgue do ombro, e se rompa da articulação.

[23] Porquanto grande era meu medo que Deus viesse a destruir-me, e temendo o esplendor da sua majestade jamais poderia cometer tais ofensas.

[13]“Ukuba ndakha ndasigatya isikhalazo sesicaka sam, okanye andasihoya isicakazana xa sinesikrokro ngakum,

[14]bendingathini ke ukujongana noThixo? Ndingathini ukuphendula xa efuna ingxelo?

[15]Andithi na kaloku kwalo Thixo udale mna zikwadalwe nguye nezicaka zam!

[16]“Mna andizange ndikumangale ukunceda amahlwempu, nabahlolokazi abazange bemke belambatha kum.

[17]Andizange ndaneliseke kukutya ndedwa, ibe yona inkedama ingenayo into etyiwayo.

[18]Kaloku ndayikhulisa njengoyise kwasebuntwaneni bayo, ndayondla ndayithantamisa kwasekuzalweni kwayo.

[19]Ndakubona usizana oluze, oluhlwempuzeke kangangokuba lungabi nayo impahla yokunxiba,

[20]bendilunika impahla eyenziwe ngoboya obuyimveliso yeegusha zam, lutsho lundincome luhambe lundidumisa.

[21]Ngaba ndakha ndayivuyelela inkedama kuba ndiqhayisa ngokuyitshonisa nasenkundleni?

[22]Xa kunjalo ke ngamana ndakroboka iingalo; akwaba zingancothuka emagxeni am.

[23]Hayi bo! Ngenxa yokoyika isohlwayo sikaThixo, nangenxa yokuhlonipha ubuhandiba bakhe, into enjalo andizange ndayenza.

[24] Se depositei no ouro a minha segurança, ou cheguei a pensar em relação ao ouro refinado: 'Tu és a minha confiança e a minha esperança!'

[24]"Xa bendingaqamelela ngegolide, kwecikizekileyo ndisithi: 'Ulithemba lam!'

[25] Se me alegrei por ser muito rico, e por ter conquistado bens e riquezas;

[25]ukuba bendivuye ndada ndaqholosa ngenxa yentabalala yobutyebi bam, nangenxa yokwanda kwemveliso yam,

[26] se olhei para o sol, quando brilhava, ou para a lua, quando ela caminhava alta e esplendorosa ,

[26]ukuba bendisuke ndanqula ilanga ngenxa yokuqaqamba kwalo, okanye inyanga ngenxa yomfaneleko wayo,

[27] e o meu coração foi enganado em segredo, e a minha mão mandou beijos de adoração;

[27]ukuba ngaba bendiwexulekile ndasanga isandla sam, ndibusa zona ezi zinto,

[28] da mesma forma esses seriam pecados merecedores de condenação e castigo, pois eu teria sido desleal para com Deus, que está nas mais elevadas alturas.

[28]nale ke into ibingaba bubugwenxa obufanele isohlwayo esiqatha, kuba ukwenjenjalo ingaba kukuvukelana noThixo kweliphezulu.

[29] Se a desgraça do meu inimigo me fez sorrir ou me alegrou intimamente, ou ainda se as provações pelas quais passou me geraram algum prazer;

[29]"Andizange ndavuyiswa kukubandezeleka kotshaba lwam, ndingazange ndakuthakazelela ukuminxeka kwalo.

[30] eu, que jamais permiti que minha boca pecasse, lançando maldição sobre ele;

[30]Andizange umlomo wam ndiwuvule wone ngokusuka ndilushwabulele utshaba lwam.

[31] se os que vivem em minha casa jamais tivessem declarado: 'Quem nunca recebeu de Jó um naco de carne?',

[31]Namadoda andisebenzelayo akazange athi: 'Yhu, besilamba phaya kwaYobi!'

[32] considerando que nenhum estrangeiro teve que passar a noite na rua, pois a minha porta sempre esteve aberta ao peregrino;

[32]Abahambi abazange balale ecaleni lendlela ndikho; ndiyabamema beze, kuba iingcango zomzi wam zahlala zivulekile.

[33] se escondi o meu erro, como fez Ish, Adão, encobrindo em minhas entranhas o meu próprio pecado,

[33]Bambi bayazigusha bazifihle iziphoso zabo, kambe ke mna andibufifihli ubugwenxa bam.

[34] com tanto medo da multidão e do desprezo dos familiares que me calei e não saí da porta de casa para fora.

[34]Kuba mna andiboyiki abantu, andithi cwaka okanye ndizivalele endlwini, kuba ndisoyika ukunyenjwa zizalamane.

[35] Ah! Se alguém me desse ouvidos! Nesse momento assino a minha defesa. Que o

[35]"Akwaba bekukho ondiphulaphuleyo! Ndiwandlalile umcimbi wam; uSomandla

Todo-Poderoso me responda; que qualquer que aponte os meus erros faça a sua denúncia por escrito.

36 Eu bem que a carregaria nos ombros e a ataria sobre minha cabeça como coroa!

37 Eu lhe prestaria conta de tudo quanto tenho feito; com a dignidade de um príncipe eu me apresentaria a Deus.

38 Se minha terra tiver qualquer reclamação da minha pessoa, e todos os seus sulcos se lamentarem,

39 se consumi os seus produtos sem nada dar em troca, se causei desânimo aos seus habitantes,

40 que me venham em pagamento espinhos em lugar de trigo e ervas daninhas em lugar de cevada!"

Jó 32

Eliú repreende Jó e os seus três amigos

1 Então aqueles três homens pararam de contestar a Jó, porquanto este insistia em defender sua inocência e justiça.

2 Entretanto, Elihu ben Barah'el, Eliú filho de Baraquel, da cidade de Buz, da família de Ram, indignou-se muito contra Jó, porque este se justificava a si mesmo diante de Deus.

3 Também ficou irado com os seus três amigos, por haverem ficado sem palavras para refutar os argumentos de Jó, e mesmo assim mantiveram suas acusações, afetando assim o próprio Deus.

4 Eliú havia aguardado seu momento para falar com Jó, pois os outros eram mais velhos do que ele.

makandiphendule. Akwaba izityholo endibekwa zona ngondimangalelayo bezibhaliwe.

36Bendiya kuzithwala emagxeni, ndizithi jize ngazo entloko njengentshinga.

37UThixo bendiya kumanekela konke okwam, ndingqiyaze phambi kwakhe njengetshawe.

38"Ukuba ngaba umhlaba wam ubundenzela isijwili, zindigxeka neefolo zawo,

39ukuba ndityе imveliso yawo ndingabahlawulanga abaniniwo, ndaza bona abalimi bawo ndabavimba,

40ewe, endaweni yengqolowa mawuvelise imithi enameva, ukuze endaweni yerhasi uvelise ukhula." Waba njalo ke uyaphetha uYobi: ncincilili-i-i!

UYobi 32

UElihu: Phambi koThixo siyafana sobabini

1Ke kaloku la madoda mathathu ade amncama uYobi, kuba yena wasuka wanje, esithi umsulwa yena.

2Ke yena uElihu unyana kaBharakeli wendlu kaRam eBhuzi uthe akuyiqonda le meko wasuka wakhathazeka, kuba kaloku uYobi wayezenza ilungisa esola uThixo.

3Futhi wakhathazwa nayinto yokuba ezi zihlobo zikaYobi zithathu zisuke zoyiswa kukuphendulana noYobi, zingabanga nako ukudandalazisa ubutyala bakhe, kodwa zimtyhola.

4UElihu lo wayesalindele ukuthetha noYobi, kuba abanye aba babebadala kunaye.

[5] Assim que Eliú notou que os três já haviam esgotado todos os seus argumentos sem sucesso, ficou muito bravo.

[6] Então Eliú, filho de Baraquel, o buzita, tomou a palavra e declarou: “Eu sou jovem, e vós idosos; até agora senti receio e temor de expressar a minha opinião.

[7] Pensava eu: ‘Que a experiência fale mais alto e os muitos anos de vida ensinem a sabedoria.’

[8] Contudo, o homem tem um Espírito, e o sopro de Shaddai, o Todo-Poderoso, que lhe proporciona entendimento.

[9] Não são apenas os mais velhos, os maiores e mais sábios, nem os mais idosos que têm o conhecimento do que é mais certo.

[10] Sendo assim, peço licença para exclamar: ‘Ouvi-me com atenção, pois também eu vou dizer o que sei!

[11] Esperei com respeito enquanto discursavas, escutei com atenção todas as vossas considerações e vi vosso esforço em achar as melhores palavras.

[12] Eu vos prestava toda a minha atenção, mas nenhum de vós foi capaz de convencer a Jó, nem ao menos de responder adequadamente os seus questionamentos;

[13] portanto, não alegueis: ‘Encontramos sabedoria; que Deus o confronte e o refute de agora em diante, não o esforço humano!’

[14] Todavia, Jó não dirigiu contra mim suas palavras; portanto, não lhe retorquirei com os mesmos argumentos que tecestes.

[5]Athe ke la madoda mathathu akuba selethethe koma umqala esoyiswa bubuciko bukaYobi, wakhathazeka,

[6]wangenelela ke yena uElihu unyana kaBharakeli waseBhuzi, wathi: “Kambe ke ndiyimveku ngeminyaka, ke nina senikhulile, niziingwevu, nto leyo ke esuke yanditsho ndamathidala, ndoyika ukuphuhlisa olwam uluvo.

[7]Ndithe: ‘Mandiyekel' iminyak' isiphakele.’ Bendisithi: ‘Izilimela zingasiph' ubulumko.’

[8]Kambe ke ngoku ndiyaqonda ukuba ngumoya osemntwini, ewe, lifuthe likaSomandla elimthi jize ngokuqonda umntu.

[9]Hayi, abuyi ngaminyaka ubulumko, kungayi nangabudala ukuqonda imfanelo.

[10]“Ngoko ke bekan' iindlebe, khe ndiniphakele; makhe ndinivakalisel' olwam uluvo.

[11]Ewe, ndiniphulaphule xa beniphakula ubulumko benu; ndibuvisisile xa benidimbaza nigalela.

[12]Bendiziindlebe ndonke xa benithetha; akukho namnye umchaniley' uYobi, kungekho namnye ukwaziy' ukuchan' amagama.

[13]Ke nina sanukuthi: ‘Sibuzuzile ubulumko.’ Kaloku nguThixo yedwa ongaphendulanayo noYobi, hayi umntu.

[14]UYobi ubebhekisa kuni, ingekum. Kambe ke bendingamphenduli njengani mna.

[15] Vede, pois, eis que estão desconsertados! Faltam-lhes as palavras.

[16] Devo esperar? Afinal, eles não abrem a boca; ficaram sem argumentos e não conseguem responder a mais nada.

[17] Assim, também eu darei a minha opinião, também vou expressar minhas considerações e tudo o que sei sobre esse assunto,

[18] pois não me faltam palavras, e dentro de mim o Espírito de Deus é que me impulsiona.

[19] Sinto meu peito a ponto de estourar; como vinho preso a odres novos prestes a romper.

[20] Tenho que falar; isso me aliviará! Tenho que abrir os lábios e dar vazão às palavras.

[21] Não protegerei sem justiça um lado ou outro, e a ninguém adularei,

[22] porquanto não sou bajulador; pois se assim fosse, o meu Criador em pouco tempo me retiraria da terra.

Jó 33

Eliú acusa Jó de se opor a Deus e de entender mal os seus caminhos

[1] "Portanto, Jó, ouve as minhas ponderações e dá atenção a tudo o que vou dizer!

[2] Estou pronto para abrir a boca; as palavras já estão na ponta da minha língua.

[3] Asseguro-te que minhas declarações procedem de um coração íntegro; meus lábios falam com sinceridade do conhecimento que tenho.

[15]"Hayi, Yobi, bathethe kom' umqala; kungokunje basik' umlomo.

[16]Mandithini na ke mna? Uthi mandithi cwaka kuba nabo bethule? Ewe, nâbo bethe bhuxe, inkukw' isik' umlomo!

[17]Hayi bo! Nam makhe ndenze owam umda, ndiluvakalise nolwam uluvo.

[18]Hayi, mna andisenakuzibamba ndithi cwaka, kuba kuninzi ukuthetha kum.

[19]Hayi, ngenene ndifana nemvaba yewayini ebila ingavulwanga – xa ndingaphokozi ndosuka ndigqabhuke.

[20]Ewe, manditheth' ukuze kuthi qabu; mandiwuvule umlomo wam ndiphendule.

[21]Mna andiz' ukuceng' usolala phi, ndiza kutheth' utyhatyhiwe ndingalalanisi.

[22]Kambe akunto yam ukulalanisa; xa bekunjalo uMdali wam ebengandicim' igama ngoko nangoko!

UYobi 33

[1]"Ewe ke ngoku, Yobi, khawukuve ukuthetha kwam, uwaphulaphule onke amazwi am.

[2]Khawundibolek' iindlebe, nam khe ndikuphokozele. Phulaphula, ulwimi lwam selubeth' inkalakahla.

[3]Ewe kaloku, ndithetha ndinyanisekile; andikufihli oko ndikwaziyo.

[4] O Espírito de Deus me fez, e o sopro de Shaddai, o Todo-Poderoso, me proporciona vida.

[5] Responde-me se puderes; prepara-te para justificar-se perante minhas denúncias.

[6] Sou igual a ti diante de Deus; também fui moldado em barro.

[7] Tu não terás motivo para ter medo de mim, nem usarei de força contra a tua pessoa.

[8] Na verdade tu falaste aos meus ouvidos, e eu escutei as tuas palavras. Dizias:

[9] 'Estou limpo, sem culpas e pecados; sou puro e não errei nem transgredi o bem.

[10] Entretanto, Deus procurou em mim motivos para quebrar nossa amizade; hoje ele me considera seu inimigo!

[11] Ele acorrenta os meus pés; vigia com censura todas as minhas atitudes.'

[12] Contudo, eu afirmo: nisso tu não tens razão, porque Deus é maior que o homem.

[13] Sendo assim, não contendeis alegando que Deus não responde aos questionamentos humanos!

[14] Entretanto, a verdade é que Deus fala, ora de uma maneira, ora de outra.

[15] Deus fala sim, em sonho ou em visão durante as noites, quando o sono profundo cai sobre todos nós e adormecemos em nossas camas.

[16] Ele pode falar aos ouvidos dos homens e aterrorizá-los com advertências,

[4]Kaloku nam ndidalwe nguMoya kaThixo; ukuphefumla kukaSomandla kundidlise ubomi.

[5]Ndiphendule ukuba unako; qula uzilungiselele amagama.

[6]Kaloku phambi koThixo siyafana sobabini; ewe, sobabini sabunjwa nguye ngodongwe.

[7]Ngoko ke uzungatatazeli, mwethu; noko nesandla sam asingeke sikucinezele.

[8]"Ngokuya ubuthetha ndikuvisisile; kaloku uthethe wenjenje:

[9]'Mna ndimsulwa, andinatyala; andinachaphaza, ndingenasiphoso.

[10]Koko uThixo uyandidlelelela nje; ewe, ufumana endityhola ngokuba ndilutshaba!

[11]Iinyawo zam uzikhonkxa ngezikhuni; uyazigqala zonke iindlela zam.'

[12]"Uyabona, uphazamile ngayo le ndawo; mandikuphendule, kuba uThixo yena mkhulu kunomntu.

[13]Ngani ke ukuba umangalelane naye, usithi yena akaphenduli mntu?"

UElihu: UThixo uyathetha nomntu

[14]"Kaloku uThixo uthetha nomntu ngandlela zonke, kambe ke yena umntu akahoyi.

[15]Xa umntu ekobunzulu ubuthongo, elele emandlalweni wakhe, uThixo uthetha ngamaphupha nemibono yasebusuku.

[16]Ewe, uzivula ngelo xesha iindlebe zabantu, ebalumkisa batsho barhwaqele.

[17] a fim de prevenir o ser humano sobre as suas más ações e livrá-lo da soberba e da arrogância,

[18] para poupar a sua alma da cova, e a sua vida, de passar pela espada.

[19] Também é castigado na sua cama com dores e constante agonia nos ossos;

[20] de modo que a sua vida rejeita o alimento, e a sua alma, a comida saborosa.

[21] Já não se observa sua carne, e seus ossos, que não se viam, agora saltam aos olhos de todos.

[22] Sua alma chega cada vez mais perto da cova, e sua vida, dos mensageiros da morte!

[23] Se em sua companhia estiver um Anjo, um intercessor, um mediador entre mil, para declarar ao homem o que é justo e verdadeiro a seu respeito,

[24] para lhe ser favorável e declarar: "Livra-o de baixar à sepultura agora, porquanto encontrei resgate para sua vida!"

[25] Sua carne se renovará e será como na infância e ele voltará a ser como no tempo de juventude.

[26] Ele orará a Deus e será contemplado com o favor do Altíssimo, que lhe permitirá ver a face de Deus com júbilo, e restituirá ao homem a sua condição de justo.

[27] Em seguida ele dará seu testemunho diante das pessoas exclamando: "Pequei e torci o que era certo, contudo Ele não me castigou tanto quanto eu merecia.

[28] Mas Deus livrou a minha alma da cova, e a minha vida continuará desfrutando da luz!"

[17]Ethethanje ke uthintela ukona; unqanda umntu angazigwagwisi.

[18]Ukhusela umphefumlo womntu engcwabeni, amhlangule kwintshabalalo yekrele.

[19]"Kananjalo umntu wolulekwa nangezigulo ezibuhlungu, aphanjwe ziingqaqambo emzimbeni.

[20]Ewe, ude angabi sakulangazelela nokutya, nokona kumnandi akucekise.

[21]Ubhitya abe ngumcinga, nezo mbanjana zakhe bezifihlakele zithi gqi ngaphandle.

[22]Kaloku selejinga phezu kwengcwaba; ubomi bakhe bukhwetywa kukufa.

[23]Mhlawumbi ke angeza kulamlelwa sisithunywa, esinye kuloo mawaka-waka, simkhumbuze ngeemfanelo zakhe.

[24]Singatsho ngovelwano sithi: 'Mkhulule; makangehli aye kwelabafileyo. Nantsi kaloku intlawulo.'

[25]Ulusu lwakhe luya kuhlaziyeka njengolosana, lubuyiselwe kwimihla yobutsha bakhe;

[26]athi ke akuthandaza eviwe nguThixo, atsho amnqule ngothakazelelo, abuye abe ngumntu oziphethe ngaloo ndlela ayifunayo uThixo.

[27]Uya kuvuma esidlangalaleni athi: 'Ndonile ndaphambuka endleleni, kodwa uThixo akandohlwayanga ngako oko bekundifanele.

[28]Ewe, undihlangule engcwabeni, nobomi bam abuyi kucinyelwa langa.'

[29] Tudo isso Deus faz acontecer duas ou três vezes para todas as pessoas.
[30] Ele te livra da morte. Ele tira a tua alma da sepultura, a fim de que sejas iluminado com a luz dos viventes na terra.
[31] Presta atenção, Jó, escuta-me, guarda silêncio, enquanto falo ao teu coração:
[32] Se tens alguma defesa a oferecer, responde-me; fala em teu favor, pois desejo te defender.
[33] Caso contrário, cala-te e escuta-me, pois eu te ensinarei a sabedoria!

Jó 34

Eliú acusa Jó de falar injustamente de Deus

[1] E Eliú continuou a discursar:
[2] “Vós, sábios, dai atenção às minhas palavras; e vós, mestres, inclinai os ouvidos para mim.
[3] Porquanto o ouvido prova as palavras como a língua prova o alimento.
[4] Tratemos, pois, de discernir juntos o que é certo e verdadeiro, e de aprender o que é bom!
[5] Ora, Jó declara: ‘Sou inocente do mal que me acusam, mas Deus tirou de mim a justiça.
[6] Apesar de viver corretamente, sou considerado mentiroso; apesar de justo, suas flechas me atingem causando feridas incuráveis.’
[7] Que ser humano pode se assemelhar a Jó, que bebe zombarias como água,
[8] que anda na companhia dos malfeitores e caminha com homens ímpios?
[9] E ainda declara: ‘Não há qualquer recompensa em agradar a Deus!’

[29]“Zonke ezi zinto ke zenziwa nguThixo; ewe, uzenza umhla nezolo.
[30]Umntu uyamhlangula engcwabeni, ukuze naye axhamle ubomi.
[31]“Ngamana wandiphulaphula ke, Yobi; ewe, yithi cwaka khe ndithethe.
[32]Kambe ke uphendule xa unako; nam ndizimisele ukukulungiselela.
[33]Phofu ke, xa ungenamazwi, yithi tu, mna ndikufundise ubulumko.”

UYobi 34

UElihu: UThixo akayenzi inkohlakalo

[1]Ke uElihu utyatyadule wenjenje:
[2]“Hoyina, nani nina zilumko; khanibek' iindlebe, nani zingqondi!
[3]Ukutya kungcanyulwa lulwimi, ke yona intetho iviwa ziindlebe.
[4]Makhe sikhethe oko kulungileyo; ewe, masiphicothe oko kufanelekileyo.
[5]“Kaloku uYobi uthi: ‘Ndimsulwa, kodwa uThixo undivimb' ubulungisa.
[6]Nangona ndinyanisekile, ndiphathwa okwexoki; nangona ndingenatyala, utolo lwakhe lundingxwelerhile.’
[7]Wakha wakho phi ofana noYobi lo, osoloko ehlalele ukuphoxisa,
[8]umnt' osoloko ethene mbende nabenzi bobubi, ohlal' eqhogene nezikhohlakali?
[9]Kaloku yena uthi: ‘Akumncedi lutho umntu ukuzimisela ukukholisa uThixo.’

[10] Sendo assim, ó homens de sabedoria, ouvi-me! Longe de Deus esteja praticar qualquer maldade, e de Shaddai, o Todo-Poderoso, o pensar em fazer o que não é justo!

[10]“Kambe ke ndiphulaphuleni, zingqondi: kukude lé kuThixo ukwenza ububi, kuSomandla ukwenza ubugwenxa.

[11] Ora, Deus retribui ao homem de acordo com o que este faz, e lhe dá o que a sua conduta merece.

[11]Kuye umntu uvuna loo nto ayilimileyo; umntu umphatha ngokwehambo yakhe.

[12] Não se pode acreditar que Deus faça o mal, que Shaddai, o Todo-Poderoso, perverta a verdade e a justiça.

[12]Hayi bo, uThixo akayenzi inkohlakalo; uSomandla akabugqwethi ubulungisa.

[13] Quem lhe entregou o governo da terra? E quem lhe deu autoridade sobre o mundo inteiro?

[13]Kakade ngubani owammiselayo ukuba alawule ihlabathi? Ngubani owambeka ukuba alongamele lonke elimiweyo?

[14] Se fosse o desejo dele, e de fato determinasse a retirada do seu Espírito e o seu Sopro dos homens,

[14]Xa ebenokusuka azimisele awunqamle umoya wakhe nempefumlelo yakhe

[15] a humanidade pereceria toda de uma só vez, e o ser humano voltaria ao pó!

[15]konke okuphilayo kungasuka kutshabalale, noluntu lonke lubuyele kwaseluthulini.

[16] Portanto, se há entendimento em ti, ouve isso, inclina os ouvidos às palavras de sabedoria que te ofereço.

[16]“Ngaba uyaqiqa na – phulaphula ke! Bek' iindlebe ndithethe.

[17] Porventura quem odeia a justiça poderá governar bem? Queres tu condenar aquele que é justo e poderoso?

[17]Umchasi-mthetho angalawula njani? Ke wena ungamgweba njani uThixo eyingangalala yelungisa nje?

[18] Ora, não é ele que declara a um rei: ‘Ó pobre homem, nada vales!’ E aos nobres: ‘Ó ímpios.’?

[18]Kaloku nakukumkani yena unokuthi: ‘Awunto yanto;’ aze kwizidwangube athi: ‘Nizizinto ezikhohlakeleyo.’

[19] Não é verdade que ele não faz discriminação em benefício de príncipes, nem estima o rico mais que o pobre; pois todos são obra de suas mãos?

[19]UThixo akakhethi buso nakumatshawe; nesityebi akasilungiseleli ngaphezu kwehlwempu; kaloku bonke bangumsebenzi wezandla zakhe.

[20] Eles em um instante morrem; à meia-noite todos os povos sofrem grande abalo, e passam. Os poderosos da terra são retirados sem a intervenção de mãos humanas.

[20]Bafa ngephanyazo ezinzulwini zobusuku; bayagungqiswa abantu, bafe; kwanezihandiba ziyawa zingawiswanga mntu.

[21] Porquanto é Deus que observa o caminho dos homens; ele vê claramente cada um de seus passos.

[22] Não há escuridão nem densas trevas onde os que praticam o mal possam tentar se esconder.

[23] Deus não necessita de mais tempo para analisar os seres humanos e conduzi-los à sua presença para julgamento.

[24] Sem depender de averiguações, ele condena à destruição os poderosos e coloca outros em seu lugar.

[25] Porquanto, conhecendo-lhes as obras, durante a noite os transtorna, e são esmagados.

[26] Ele os aflige e fere como criminosos, diante de todas as pessoas;

[27] porque desprezaram a Deus e não quiseram compreender nenhum de seus princípios,

[28] e assim fizeram o clamor do pobre subir até ele, e Deus ouviu as queixas do aflito.

[29] Se ele dá tranquilidade, quem o condenará? Se ele encobrir a face, quem conseguirá contemplá-lo, quer seja uma nação inteira ou um indivíduo. Ele domina igualmente a todos.

[30] Para que o ímpio não reine, e não haja quem iluda o povo.

[31] Pois quem jamais disse a Deus: ‘Sofri, apesar de não haver pecado;

[32] ensina-me compreender o que não posso ver; se agi mal, não voltarei a fazê-lo!’

[21]“Kaloku yena uzijongile iindlela zabantu; uwabona onke amanyathelo abo.

[22]Kaloku akukho thunzi nantsunguzi yabumnyama apho abenzi bobubi bangazifihla khona.

[23]KuThixo akuyomfuneko ukubancwina ngakumbi abantu xenikweni ebasa ematyaleni.

[24]KuThixo akukho mfuneko yaluphando xa abakhiqayo abasezintanjeni, aze amisele abanye ezikhundleni zabo.

[25]Kaloku uyazazi izenzo zabo; ubabhukuqa ngobusuku babhange.

[26]Xa sukuba ebohlwaya ngenxa yobugwenxa babo, loo nto uyenza esidlangalaleni.

[27]Andithi na kaloku basuke bakreqa, ababi sazikhathalela iindlela zakhe?

[28]Ohlelelekileyo bamtsho wazibika kuThixo, waza ke yena wasiva isikhalo sabasweleyo.

[29]Xa athe cwaka ngubani ongamgwebayo? Naxa efihle ubuso bakhe ngubani ongambonayo? Nguye ngokwakhe olawula uluntu nezizwe,

[30]ukuze athintele isikhohlakali ekulawuleni, singababekeli umgibe abantu.

[31]“Ukuba ngaba umntu ebenokuthi kuThixo: ‘Ndikuvukele, kodwa andiyi kuphinda ndone.

[32]Ndifundise oko ndingenako ukukubona. Ukuba ndenze ubugwenxa andisayi kuphinda ndenjenjalo.’

[33] Quanto a ti, deveria Deus recompensá-lo quando não confessas a tua culpa? Portanto, és tu que tens de fazer a melhor escolha, e não eu; agora, pois, fala o que estais pensando!

[34] Os homens de bom senso e sabedoria que me ouvem, me dizem:

[35] 'Jó não sabe o que diz; não há mais sabedoria em suas palavras!'

[36] Sim, Jó precisa sofrer sua prova até o fim por causa do seu modo ímpio de responder às circunstâncias.

[37] Ora, ao seu pecado ele ainda acrescenta a revolta; faz gestos de desprezo, como o bater palmas, e multiplica suas palavras contra Deus!"

Jó 35

O bem e o mal não podem afetar a Deus, mas algumas vezes, por falta de fé dos aflitos, não os ouve

[1] E Eliú prossegue em suas afirmações:

[2] "Pensas, de fato, que tens o direito de dizer: 'Diante de Deus serei absolvido'?

[6] Numerosos são os que dizem: "Quem nos fará ver a felicidade?" Faze, ó SENHOR, resplandecer sobre nós a luz da tua face!
[7] Colocaste em meu coração mais alegria do que a daqueles que têm fartura nas épocas de trigo e vinho.
[8] Em paz me deito e logo adormeço, porque só tu, ó SENHOR, me fazes viver seguro e sem medo.

[5]Menzeleni amadini alungileyo, nikholose ngaye uNdikhoyo.

[6]Baninzi abalangazelela okulungileyo. Ndikhoyo, sikhangele ngobubele,

[7]usiphe ukuchulumacha okudlula okwâbo bakufumana ngomdliva wengqolowa newayini.

[8]Ndiya kuphumla ngenzolo, ndilale; nguwe kuphela kaloku, Ndikhoyo, ondinqabisayo.

Salmos 5

Deus aborrece os ímpios e abençoa os justos

[1] Ao mestre de música: para flautas. Um salmo de Davi. Dá ouvidos, ó SENHOR, às minhas palavras, considera os meus pensamentos íntimos.
[2] Concede tua atenção ao meu clamor por socorro, meu Rei e meu Deus, pois éa ti que eu suplico.
[3] Pela manhã, ó SENHOR, ouves a minha voz; logo cedo te apresento o meu sacrifícioe aguardo com esperança.
[4] Porque tu, ó Deus, não tens prazer na injustiça, e contigo não pode habitar o mal.
[5] Os arrogantes não são aceitos na tua presença; odeias todos os que agem com maldade.
[6] Destróis os mentirosos; os que têm sede de sangue e os fraudulentos são abomináveis ao SENHOR.
[7] Quanto a mim, graças à tua grande misericórdia, poderei entrar em tua casa; e

Iindumiso 5

Umthandazo wokucela inkokhelo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uhlatyelwa ngeefleyiti.

[1]Khawuwabekel' iindlebe amazwi am, Ndikhoyo, usigqale isingqala sam.

[2]Kuve ukukhala kwam, kumkani wam, Thixo wam, xa ndithandazayo kuwe.

[3]Uyawuva umthandazo wam, Ndikhoyo, kwakusasa: kwakusasa ndizibika kuwe, ndilinde impendulo.

[4]Kaloku unguThixo ongadlelaniyo nobugwenxa; akukunyamezeli ukungcola phambi kwakho.

[5]Akubanyamezeli abantw' abazingcayo; ubuthiye bonk' ubugqwirha.

[6]Uyawatshabalalisa amaxoki; ewe, Ndikhoyo, abaxhaphi-gazi nabakhohlisi banezothe kuwe.

[7]Ke mna ndiya kungena endlwini yakho, ngenxa yobubele bakho obuncamisileyo,

me prostrarei em direção ao teu sagrado templo, com reverência e adoração.

[8] Conduze-me, ó SENHOR, na tua justiça, por causa dos que me espreitam. Aplaina à minha frente o teu caminho!

[9] Na boca deles não há palavra sincera, suas mentes tramam continuamente o mal. Suas gargantas são como um túmulo aberto, e com suas línguas seduzem e enganam.

[10] Condena-os ó Deus! Caiam eles em suas próprias tramas. Expulsa-os por causa dos seus muitos pecados, porque se rebelaram contra ti.

[11] Mas alegrem-se todos os que em ti colocam a sua fé; cantem de felicidade para sempre! Estende sobre eles a tua proteção. Rejubilem-se em ti os que amam o teu Nome!

[12] Em verdade, SENHOR, tu abençoas o justo e, como escudo, o cercas da tua benevolência.

Salmos 6

Davi recorre à misericórdia de Deus e alcança perdão

[1] Para o mestre de música. Com instrumentos de cordas. Em oitava. Um salmo de Davi. SENHOR, não me castigues na tua ira nem me corrijas no teu furor!

[2] Tem piedade de mim, ó SENHOR, pois estou perdendo as forças. Cura-me, SENHOR!

[3] E a minha alma está extremamente apavorada. Até quando, SENHOR! Até quando?

ndikunqule endlwini yakho ekhethiweyo, ndikunqule ngembeko ndingcangcazela.

[8]Ndikhokelel' ekwenzeni intando yakho, Ndikhoyo. Kaloku baninzi abandichasayo; yenze icace phambi kwam indlela yakho.

[9]Azinanyani iintshaba zam, iintliziyo zazo zizel' inkohlakalo; Zizungula ukutshabalalisa ngentetho elalanisayo.

[10]Zohlwaye, Thixo; zirhintyele kwangamacebo azo; zigxothe ngenxa yezono zazo, kuba ziphikisana nawe.

[11]Bayavuya bonke abo bathembela ngawe; bohlala bechulumacha luvuyo. Kaloku uyabakhusela abo bakuthandayo; abo ke banemihlali ngenene.

[12]Ndikhoyo, uyabathamsanqela abakuthobelayo, ubafukamele ngobubele ngathi bagqunywe ngekhaka.

Iindumiso 6

Ukucela uncedo engxakini

Umhobe kaDavide, kumbhexeshi-kwayara; uhlatyelwa ngeentambula; ngelizwi lebhasi.

[1]Uze ungandikhalimeli unomsindo, Ndikhoyo; ungandohlwayi uqumbile.

[2]Yiba nenceba kum, Ndikhoyo, kuba ndityhafile; ndomeleze, Mhlekazi, ndiphelelwe.

[3]Ndihleli ndinexhala elibi; koda kube nini kodwa kunje, Ndikhoyo?

[4] Volta-te, SENHOR, e liberta minha alma; salva-me por teu amor misericordioso!
[5] Porque entre os mortos não há adoração a ti; no túmulo, quem poderá te render louvores?
[6] Estou esgotado de tanto gemer, todas as noites eu choro na cama, banhando meu leito com lágrimas.
[7] Meus olhos derretem-se de tristeza pela insolência dos meus opressores.
[8] Afastai-vos de mim, malfeitores todos; porque o SENHOR escutou a voz do meu pranto!
[9] O SENHOR ouviu a minha súplica; o SENHOR respondeu a minha oração!
[10] Serão humilhados e aterrorizados todos os meus inimigos; cobertos de vergonha se retirarão depressa!

[4]Yiza, Ndikhoyo, undihlangule; ndikhulule ngenxa yothando lwakho olungajikiyo.
[5]Kaloku akusekho kukukhumbula kwabafileyo; akukho bani unokukudumisa engcwabeni.
[6]Sendide ndatyhafa sisingqala; ubusuku ngobusuku ndiyantywizisa; umqamelo umanzi tixi ziinyembezi.
[7]Atyhumfutyhumfu amehlo am kukulila; sekude kwanzima nokujonga. Ndinje nje nje kungenxa yeentshaba zam.
[8]Sukani kum, nonke nina mathol' esihulu-hulu! Kaloku uNdikhoyo usivile isingqala sam.
[9]Ukuvile ukubongoza kwam, wawuphulaphula umthandazo wam.
[10]Ziya kudana, zidideke zonk' iintshaba zam; ziya kujika ngephanyazo, ziphoxekile.

Salmos 7

Davi confia em Deus e protesta a sua inocência

[1] Canto de confissão de Davi. Entoado ao SENHOR, acerca de Kush, o benjamita. SENHOR, meu Deus, eu me abrigo em ti! Salva-me de todos os meus perseguidores. Liberta-me!
[2] Que não me agarrem, como leões e, levando-me para longe, me estraçalhem, sem haver quem me livre.
[3] SENHOR, meu Deus, se procedi como me culpam, se em minhas mãos há injustiça e iniquidade,
[4] se paguei com o mal ao amigo que me fez o bem, se de tudo despojei meus adversários,

Iindumiso 7

Ukuthandazela ukuncedwa kwelungisa

Isililo sikaDavide awasivumela uNdikhoyo ngenxa kaKushe wesizwe sakwaBhenjamin.

[1]Thixo wam, Ndikhoyo, ndithembele ngawe! Ndihlangule, undisindise kubo bonk' abandileqayo,
[2]hleze bandiqwenga-qwenge njengengonyama, bandiqangqulule ndibe zizijungqe ndingenamhlanguli.
[3]Thixo wam, Ndikhoyo, ukuba kukho nto ndiyenzileyo kwezi zinto: ukuba kukho bani ndimonileyo,
[4]nokuba ndingcatshe umhlobo wam, okanye ndifumane ndalwenzakalisa utshaba lwam,

[5] que o inimigo me persiga até alcançar, que me pisoteie vivo sobre a terra e arraste a minha honra no pó!
[6] Levanta-te, SENHOR, na tua indignação! Ergue-te contra o excesso de fúria dos meus opressores. Desperta-te, meu Deus! Estabelece o teu juízo designado!
[7] Reúna-se ao teu redor a assembleia dos povos. Das alturas reina sobre todas as nações da terra.
[8] O SENHOR é quem julga os povos. Julgame, SENHOR, conforme a minha justiça, segundo a inocência que há em mim!

[9] Deus justo, que sondas as mentes e entranhas, dá fim à maldade dos ímpios, e ao justo dá segurança e paz.

[10] Deus é o escudo que me cobre, o salvador dos corações retos.
[11] Deus é o justo juiz! Deus que demonstra, a cada dia, seu extremo zelo.
[12] Caso o homem não se converta, Deus afiará sua espada; pois já armou seu arcoe o aponta,
[13] preparou para si armas de morte e produziu suas flechas flamejantes.

[14] Todo aquele que gera maldade concebe o sofrimento e dá à luz a desilusão.

[15] Quem cava um buraco como armadilha cai em fossa profunda, que ele mesmo fez.
[16] Assim, sua maldade se voltará contra ele e sobre a própria cabeça cairá sua violência.
[17] Eu, porém, darei graças ao SENHOR por sua justiça, salmodiarei e cantarei louvores ao Nome do SENHOR, o Altíssimo!

[5]malundileqe ke lundifumane utshaba, lundinqumle, ndife kube kanye, lundishiye apho ndilutywantsi.
[6]Khalima ngomsindo, Ndikhoyo; undithethelele kule ngqumbo yeentshaba zam. Thixo wam, vuka undincede; kaloku wena ufuna kugwetywe ngobulungisa.
[7]Mazibizwe zonke izizwe zikungqonge, ungqendeve esihlalweni sakho phezu kwazo.
[8]NguNdikhoyo umgwebi wabo bonk' abantu. Ligwebe ityala lam ke, Ndikhoyo, bucace ubulungisa bam, kucace ukuba ndimsulwa.
[9]Phelisa inkohlakalo yabantw' abagwenxa, uwazimase amalungisa, wena Thixo othand' ukulunga, ogocagoca iintliziyo neengcinga zabantu.
[10]Likhaka lam uThixo, uyabakhusela abantw' abathand' ukulunga.
[11]UThixo ngumgwebi olilungisa; unguThixo ocatshukisw' imihla nezolo.
[12]Ukuba abazohlwayi abantu wolirhola ikrele lakhe elibukhali uThixo. Selesityedile isaphetha sakhe, wema kuhle;
[13]uzikhuphile esingxotyeni sazo izikhali, wajolisa ngeentolo ezinomlilo.
[14]Khangela, umnt' ogwenxa ukhawula ukungcola, amith' ubumenemene, azal' ubuxoki.
[15]Umba umhadi onzulu, ajike eyele kwakuloo mgibe awenzileyo;
[16]urhintyelwa kwabubumenemene bakhe, isikhuni sibuye nomkhwezeli.
[17]Ndiyambulela uNdikhoyo ngenxa yobulungisa bakhe. Ndisaya kumbonga uNdikhoyo uPhezukonke.

Salmos 8

Deus é glorificado nas suas obras e na sua bondade para com o homem

[1] Para o mestre de música. Conforme a melodia Os lagares. Hino de louvor de Davi. SENHOR, nosso soberano Deus, como é majestoso o teu Nome por toda a terra! Tu cuja glória é cantada acima dos céus!

[2] Pela boca das crianças e dos recémnascidos instruíste os sábios e poderosos, silenciando os inimigos e maldosos, porque são adversários teus.

[3] Quando admiro os teus céus, obra dos teus dedos, a lua e as estrelas que ali estabeleceste,

[4] pergunto: Que é o homem para que com ele te importes? E o filho de Adão para que venhas visitá-lo?

[5] Tu o fizeste um pouco menor do que os anjos e o coroaste de glória e de honra.

[6] Tu o fizeste dominar sobre as obras das tuas mãos; tudo sujeitaste debaixo dos seus pés:

[7] todos os rebanhos e manadas e os animais selvagens também,

[8] as aves do céu, os peixes do oceano e tudo o que percorre as correntes marítimas.

[9] SENHOR, nosso soberano Deus, como é majestoso o teu nome por toda a terra!

Salmos 9

Ação de graças por um grande livramento

Iindumiso 8

Ubungangamsha bukaThixo nesidima somntu

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngathi yilaa ngoma yamaGati.

[1] Ndikhoyo, Nkosi yethu, hayi ukubaluleka kwegama lakho ehlabathini! Wena uqaqambisa amazulu ngesithozela sakho,

[2]nditsho abantwana kwaneentsana ziyakubonga, nto leyo ibamisela umqobo abachasi wokuvalela utshaba kwanomphindezeli.

[3]Xa ndiqwalasela amazulu owenzileyo, inyanga, neenkwenkwezi ezidalwe nguwe,

[4]ngubani yena umntu, le nto umkhumbulelayo, engubani yena unyana womntu, le nto umkhathalelayo?

[5]Ngaphezu koko umenze wanganeno kancinane nje kuwe, Thixo; umthe jize ngesihomo nesithozela.

[6]Umnike igunya kuyo yonke indalo yakho, wazibeka phantsi kwegunya lakhe zonk' izinto:

[7]iinkomo neegusha, kwanazo neenyamakazi;

[8]iintaka eziphaphazelayo, neentlanzi, nayo yonke into ephithizela elwandle.

[9]Hayi ukubaluleka kwalo igama lakho ehlabathini liphela, Ndikhoyo, Nkosi yethu!

Iindumiso 9

Ukubulela uThixo umgwebi olilungisa

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngathi yilaa ngoma ithi: "Ukufa konyana."

[1] Do mestre de música. Para oboé e harpa. Um salmo de Davi. SENHOR, quero render-te graças de todo o meu coração, e proclamar todas as tuas maravilhas.

[2] Em ti quero alegrar-me e exultar; tocar e cantar louvores ao teu nome, ó Altíssimo.

[3] Meus inimigos, retrocedendo, tropeçaram em tua presença e pereceram.

[4] Pois defendeste o meu direito e a minha demanda: sentaste em teu trono como justo juiz.

[5] Corrigiste as nações, destruíste os ímpios; por toda a eternidade apagaste o nome deles.

[6] O adversário foi totalmente derrotado para sempre; arrasaste as suas cidades e já não há quem delas se lembre.

[7] O SENHOR reina para sempre; para o julgamento firmou o seu trono.

[8] Ele julga o mundo com justiça, governa os povos com retidão.

[9] O SENHOR é abrigo seguro para os oprimidos, uma fortaleza nos tempos de angústia.

[10] Em ti confiam todos os que conhecem o teu nome, porque tu, SENHOR, jamais abandonas aqueles que Te buscam.

[11] Tocai, cantai e louvai ao SENHOR, que reina em Sião; proclamem entre as nações as suas façanhas:

[12] Ele busca os assassinos, lembra-se do sangue derramado e os vinga, não se esquece jamais do clamor do necessitado.

[13] Misericórdia, SENHOR! Vê minha aflição! O sofrimento causado pelos que me odeiam. Salva-me das portas da morte,

[1]Mandikubonge ngomxhelo wam wonke, Ndikhoyo, ndibalise ngayo yonke imimangaliso oyenzileyo.

[2]Ndomemelela ngemincili, ndikuvumel' ingoma, ndibonge wena, Phezukonke.

[3]Zithe xa zihlehlayo iintshaba zam, zawa zatshabalala, wakuvela wena, Ndikhoyo.

[4]Kaloku undigwebele ityala lam; ungqendeve esihlalweni sakho, wena mgwebi olungileyo.

[5]Uzikhalimele iintlanga, wabatshabalalisa abantw' abagwenxa, waliphanzisa kwaphela igama labo.

[6]Iintshaba zethu zibhangile mpela, uzidilize didli izixeko zazo; sele zacimayo nasezingqondweni.

[7]Kodwa uNdikhoyo uya kuhlal' elawula kude kube nini-nini; selengqendeve enkundleni yakhe, elungele ukugweba.

[8]Ulilawula ngobulungisa elimiweyo; azigwebe kakuhle zonke iintlanga.

[9]NguNdikhoyo inqaba yokuzimela abacinezelwayo; nguye ikhusi ngamaxesha eembandezelo.

[10]Bathembele ngawe, Ndikhoyo, bonke abakwaziyo; kaloku akuzange ubafulathele abo bakufunayo.

[11]Mbongeni uNdikhoyo ongqendeve ebhotwe eZiyon; zibhengezeni eluntwini izinto asenzele zona.

[12]Uyaliphindezela igazi labacinezelweyo; akasilibali isikhalo sabo baselusizini.

[13]Ndenzele inceba, Ndikhoyo; bona indlela abandiphethe ngayo abo bandithiyileyo, wena ondihlangula ethunzini lokufa.

[14] para que, junto às portas da cidade de Sião, possa eu cantar louvores a ti e aliexulte em teu livramento.

[15] Os povos caíram na cova que com astúcia abriram; no laço que ocultaram, seus pés se prenderam.

[16] O SENHOR é conhecido pela justiça que exerce; os ímpios caem em suas próprias tramas.

[17] Voltem os ímpios para o inferno, todos os povos que se esquecem de Deus!

[18] Mas os necessitados jamais serão esquecidos, nem será frustrada a esperança dos pobres e humildes.

[19] Ergue-te, SENHOR! Não permitas que um simples mortal vença! Julgados sejam todos os povos na tua presença.

[20] Coloca em seus corações o terror, ó SENHOR! Para que saibam as nações da terra, que não são mais do que seres humanos.

Salmos 10

A audácia dos perseguidores e o refúgio em Deus

[1] Por que, SENHOR, permaneces afastado e te ocultas no tempo da aflição?

[2] Com arrogância os ímpios perseguem o indefeso; que fiquem emaranhados em suas próprias tramas!

[3] O infiel se gaba de sua própria ambição, o avarento menosprezae insulta a Deus.

[4] O ímpio é soberbo, não quer saber desse assunto. “Deus não existe!” é tudo o que de fato pensa.

[14]Mandiluxele udumo lwakho phakathi kwabantu bakho eJerusalem. Ewe, ndinemincili ngenxa yokuba undihlangule.

[15]Iintlanga zeyele kumhadi ebeziwembile, zabhajiswa sisabatha ebezisithiyile.

[16]Uzibonakalisile uNdikhoyo, wasiwisa isigwebo; izikhohlakali zarhintyelwa kwayimisebenzi yazo.

[17]Ziya kwelabafileyo izikhohlakali, neentlanga zonke ezimfulathelayo uThixo.

[18]Kaloku akayi kusoloko elityalwa amahlwempu; ithemba labahlelelekileyo aliyi kusoloko lifuthaniselwe.

[19]Lamla, Ndikhoyo; malungaphakami uluntu; mazize phambi kwakho uzigwebe iintlanga.

[20]Zenze zikoyike, Ndikhoyo, ziqonde ukuba zingabantu nje kuphela.

Iindumiso 10

Ukucela uncedo

[1]Yini na, Ndikhoyo? Wachasela? Kutheni? Wazifihla ngexesha longxunguphalo?

[2]Abantw' abagwenxa banolunya; bayabaleqa ababuthathaka. Mabarhintyelwe kwangaloo mayelenqe abo.

[3]Bayazidla ngaloo magugwana abo, bazicengezele konempumelelo, bamdele uNdikhoyo.

[4]Libathe lwale ikratshi abantw' abagwenxa; bade bazikhohlise ngokuthi: “Akukho Thixo ngandawo!”

5 Seus negócios têm contínuo sucesso; muito além da sua compreensão está atua Lei, por isso ele faz pouco caso dosseus adversários,
6 pensando consigo mesmo: "Eu sou inabalável! Desgraça alguma me atingirá, nem a mim nem aos meus descendentes".
7 Sua boca está sempre cheia de fraudes, maldições e ameaças; violência e todo tipo de maldade estão em sua língua.

8 Põe-se de emboscada próximo aos vilarejos e às escondidas massacra o inocente.

9 Fica à espreita como leão escondido; coloca-se de tocaia para apanhar o necessitado; agarra o pobre e o arrasta em sua rede.
10 Ele espreita, se agacha, se encurva, e o infeliz cai em seu poder.
11 Imagina consigo mesmo: "Deus se esqueceu; escondeu seu rosto e nunca dará atenção a isto".
12 Levanta-te, SENHOR! Ergue a tua mão, ó Deus! Não te esqueças dos desamparados.

13 Por que o ímpio despreza a Deus, dizendo em seu íntimo: "Tu não me pedirás contas"?

14 Mas tu vês o sofrimento e a dor; e tomas esses sentimentos em tuas mãos. O sofredor se entrega a ti, pois tu és o protetor do órfão.

15 Quebras o braço do ímpio e do maldoso, pedes contas de sua crueldade, até que dela nada mais seja visto.
16 O SENHOR reina todos os dias e eternamente; da sua terra desapareceram os outros povos.

5Zinempumelelo zonk' iinzame zabo, kodwa imiyalelo yakho ikude lee kubo. Bayazeya zonke iintshaba zabo.

6Baziqhayisa ngokuthi abasoze boyiswe nto bona, abasoze balibone ishwangusha.

7Umlomo wabo mbi, uzel' izishwabulo, ubuxoki, nezisongelo; basoloko beceba ububi nobutshinga.
8Bahamba bencathama ngezindlu ezixekweni, bezungul' ukugwint' abantw' abangenatyala, balalel' abantw' abangenakuzikhusela.

9Bazimel' engontsini, baxel' ingonyama, ilalel' ixhoba elingumnt' oludwayi; xhakamfu bambambise ngomgibe wabo!

10Nal' olo sizana lungen' esigwini lusoyisakala.
11Bathi xa bezikhohlisa: "UThixo akakhathali; akahoyanga nto; akasoz' aqonde."
12Lamla, Ndikhoyo; caca ukuba unguThixo! Sukubalibal' abantw' abahlelelekileyo!
13Kungani bekudela nje abantw' abagwenxa? Kutheni le nto bade bathi: "Akukho nt' aya kuyenza loo Thixo"?
14Ewe, wena uzijongile wazibona iintlupheko neentsizi, khon' ukuze ulungele ukusisiza. Ewe, zibalekela kuwe nazo iindwayi, wena ongumncedi weenkedama.
15Zaphul' iimpondo ke izikrelemnqa nabantw' abagwenxa; bohlwaye ide iphele nya inkohlakalo yabo.
16Ngukumkani uNdikhoyo kuya kude kube nini-nini. Zobhanga ziphele nya emhlabeni iintshaba zakhe.

[17] Tu, SENHOR, ouves a oração dos necessitados; tu lhes fortalecerás o coração e atenderás ao seu clamor.
[18] Defende o que não tem pai e o oprimido, a fim de que o homem, que é pó, já não provoque o terror.

[17]Ndikhoyo, uyaziva izicelo zabantw' abathobekileyo; uyabavuselela, uziphendule izicelo zabo.
[18]Iinkedama nabacinezelweyo uyabaqwebela, khon' ukuze oonyana babantu bangagrogrisi mntu ehlabathini.

Salmos 11

Deus salva os retos e castiga os ímpios

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. No SENHOR eu me refugio. Como podeis dizer-me: "Foge como um pássaro para os montes?
[2] Vê! Os ímpios preparam os seus arcos, ajustam com precisão as flechas nas cordas, para atirar ocultamente contra os retos de coração.
[3] Se os fundamentos estão destruídos, que pode o justo fazer?"
[4] Mas o SENHOR está no seu templo sagrado, o SENHOR tem seu trono nos céus. Seus olhos observam tudo; vê atentamente os filhos de Adão.
[5] O SENHOR prova o justo, mas o ímpio e aqueles que amam a injustiça são odiados por Ele.
[6] Sobre os ímpios Deus fará chover brasas ardentes e enxofre incandescente; vento causticante é o que terão.

[7] Porquanto justo é o SENHOR, e ama a justiça; os íntegros verão a sua face!

Iindumiso 11

Ukuthembela ngoThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

[1]Ndithembele ngoNdikhoyo nje, ningathini ukuthi: "Balekela ezintabeni zenu njengentaka!

[2]Kaloku abantw' abagwenxa sebejolisile ngesaphetha esinotolo, bajolisel' ukulidubul' emnyameni ilungisa.

[3]Xa sekudilike neziseko nje, lingenzani ke lona ilungisa?"
[4]UNdikhoyo ukwibhotwe lakhe elilodwa, uhlel' esihlalweni sakhe ezulwini. Uyabagqala oonyana babantu, uyazibona izintw' abazenzayo,
[5]uyabavavany' abalungileyo nabagwenxa, abathiye ngentiyokazi enkulu abaphalazi-gazi.
[6]Uya kubabetha ngesichotho sesalfa namalahl' avuthayo abantw' abagwenxa; iziphango nezaqhwithi ziba sisabelo sabo.
[7]Kaloku ulilungisa uNdikhoyo; uyazithanda izenzo ezilungileyo. Abo balungisayo bobonana naye ubuso ngobuso.

Salmos 12

A falsidade do homem e a veracidade de Deus

[1] Para o mestre de música, em oitava. Um salmo de Davi. Socorro, SENHOR! Já não há

Iindumiso 12

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara; uvunywa ngebhasi.

quem seja leal; já não é possível confiar em ninguém entre os seres humanos.

[2] Cada qual mente ao seu companheiro seus lábios bajuladores falam com segundas intenções.

[3] Que o SENHOR golpeie todas as bocas fraudulentas e a língua arrogante

[4] dos que proclamam: “Venceremos pelo poder do nosso falar; nossos lábios são como lâminas cortantes! Quem poderá mandar em nós?”

[5] “Por causa da opressão do necessitado e do clamor do pobre, agora me levantarei”, diz o SENHOR.“Eu os protegerei e salvarei a quem por isso anseia.”

[6] As palavras do SENHOR são verdadeiras, são puras como a prata purificada num forno, sete vezes refinada.

[7] SENHOR, tu nos guardarás seguros, e desse tipo de gente nos livrarás para sempre.

[8] Os ímpios vagueiam soberbos por toda parte, quando a corrupção é exaltada na sociedade.

Salmos 13

Davi, na sua extrema tristeza, recorre a Deus e confia nele

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. Até quando me esquecerás, SENHOR? Para sempre? Até quando encobrirás de mim tua face?

[1]Nceda, Ndikhoyo! Akukho namnye umnt' olungileyo; baphelile abantw' abathembekileyo.

[2]Bathetha ubuxok' abantu, bekhohlisana. Bav' amantyontyelo baxokisane ngeentethw' ezimbaxa.

[3]Wobaqhawul' imilebe uNdikhoyo abantw' abakhohlisayo; wobashunqul' iilwimi abantw' abazigwagwisayo.

[4]Nditsho nkqu abo bathi: “Sophumelela ngolwimi lwethu. Iyeyethu nje imilebe le, ngubani owosixelela emasikuthethe?”

[5]“Ndiza kulamla ke ngoku,” utsho uNdikhoyo, “ngenxa yokuba amahlwempu ayacinezelwa, neentsizana ziyancwina. Ndobanika oko kuphumla bakulangazelelayo.”

[6-7]Zithembekile izithembiso zikaNdikhoyo, azinasibhidi, zinjengesiliva enyityilikiswe eziko kasixhenxe. Uzigcinile izithembiso zakho, Ndikhoyo; sigcine sikhuselekile kubantw' abagwenxa.

[8]Basingqonge macal' onke abantw' abagwenxa, lo gama wonke ubani ekuvuyela ukungcola.

Iindumiso 13

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

[1]Koda kube nini na, Ndikhoyo, undilibele kwaphela? Koda kube nini na ndingakuboni?

[2] Até quando sofrerei com preocupações e tristeza no coração, dia após dia?Até quando prevalecerá o inimigo contra mim?

[3] Olha para mim e responde, SENHOR, meu Deus. Renova o brilho da vida nos meus olhos, caso contrário me entregarei ao sono da morte;

[4] e o meu inimigo virá a dizer: “Eu venci”; e os meus adversários festejarão o meu fracasso.

[5] Contudo, eu confio em teu amor; o meu coração se enche de alegria e satisfação em tua salvação.

[6] Desejo cantar ao SENHOR por todo o bem que me tem feito.

Salmos 14

A corrupção do homem. Sua redenção provém de Deus

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. Diz o tolo em seu coração: “Deus não existe”. Todas as suas atitudes são corruptas e abomináveis: não há um que faça o bem.

[2] Dos céus o SENHOR se inclina sobre a humanidade, para ver se há alguém que tenha juízo e sabedoria, alguém que busque a Deus de coração.

[3] Todos se desviaram, igualmente se corromperam; não há ninguém que faça o bem, não há um sequer.

[4] Será que os maldosos nunca aprendem? Eles devoram o meu povo, como se comessem pão, e não clamam pelo SENHOR?

[5] Agora todos estão tomados de terror, porque Deus está presente a favor dos justos.

[2]Koda kube nini na ndinomva-ndedwa, ndinesingqala, ibuhlung' imini yonke intliziyo yam? Koda kube nini zindivuyelel' iintshaba zam?

[3]Bek' iindlebe, Ndikhoyo, undive, Thixo wam. Ndihlaziye, hleze ndilal' ubuthongo bokufa,

[4]hleze luthi lundoyisil' utshaba lwam, bachwayit' ababandezeli, kuba ndoyisiwe.

[5]Kodwa ndithembe uthando lwakho olungajikiyo; ndochulumacha kuba uyandihlangula.

[6]Ndombonga uNdikhoyo, kuba endiphethe ngobubele.

Iindumiso 14

Abakhohlakeleyo

(Ndum 53)

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

[1]Iziyatha zithi akukho Thixo ngandawo. Zonakele, futhi zenza amasikizi; akukho ulungisayo kuzo.

[2]Ke yena uNdikhoyo ubabukele abantu; uhlel' ezulwini efuna ukuqonda ukuba ngaba sikho na isilumko, nditsho ofuna ukunqula uThixo.

[3]Kambe ke bonke bemkile, xa bebonke bonakele; kuba akakho olungisayo, nditsho nokuba abe mnye.

[4]Abanangqondo na abakhohlakeleyo; abo baxhaphaza amawethu, ngathi batya isonka, bangamnquliyo nokumnqula uNdikhoyo?

[5]Baya kunkwantya benkwantyile, kuba uThixo ukunye nâbo bamthobeleyo.

[6] Vós, malfeitores, tentais frustrar a esperança dos humildes, mas o refúgio do pobre é o SENHOR.

[7] Que a salvação de Israel venha de Sião! Quando o SENHOR restaurar o seu povo,Jacó exultará e Israel celebrará com grande alegria!

Salmos 15

O verdadeiro cidadão dos céus

[1] Um salmo de Davi. SENHOR, quem poderá hospedar-se em teu tabernáculo?1 Quem há de morar no teu santo monte?

[2] Aquele que é íntegro em sua conduta e pratica a justiça, que de coração fala a verdade

[3] e não usa a língua com maledicência, que nenhum mal faz a seu semelhante nem lança calúnias e afrontas contra seu companheiro.

[4] A seus olhos, o ímpio é desprezível; mas dedica honra aos que temem o SENHOR. Mantém a palavra empenhada e, mesm saindo prejudicado, não volta atrás;

[5] não empresta seu dinheiro com usura, nem aceita suborno contra o inocente.Quem assim conduz sua vida caminharáseguro e em paz.

Salmos 16

A confiança e felicidade do crente e a certeza da vida eterna

[1] Um canto silencioso de Davi. Defende-me, ó Deus, pois eu me abrigo em ti.

[2] Ao SENHOR declaro: “Tu és o meu Senhor; não tenho bem maior além de ti”.

[6]Nangona aminxwayo amacebo osizana, nguNdikhoyo olixhadi lalo.

[7]Akwaba ingavela eZiyon inkululeko yamaSirayeli, akuba uNdikhoyo eyibuyisile inkqubela yabantu bakhe. AbakwaYakobi baya kugcoba; ewe, ochulumacha amaSirayeli.

Iindumiso 15

Undwendwe lukaNdikhoyo

Umhobe kaDavide.

[1] Ndikhoyo, ngubani oya kuba lundwendwe lwakho; ingubani oya kutyelela kwakho?

[2]Ngulowo uhambo ingenabala, owenza ubulungisa, ayithethe inyaniso engafihlisi.

[3]Ngulowo unganyelisiyo, ungamenziyo into embi uwabo, ungamhlebiyo ummelwana wakhe.

[4]Ngobadelayo abo babukulwe nguThixo, abancome abo bamoyikayo uNdikhoyo, ofunga angajiki noba kunyembelekile.

[5]Ngongabolekisi ngemali yakhe, ngenxa yokuba efuna inzala; ngongekhe anyotywe ngokuthengisa umnt' ongenatyala. Lowo ke wenjenjalo ngumnt' ozinzileyo.

Iindumiso 16

Umthandazo wethemba

Ucamngco lukaDavide.

[1]Ndikhusele kaloku, Thixo; ndithembele ngawe.

[2]Ewe, ndiyazibika, Ndikhoyo; nguwe iNkosi yam; ngaphandle kwakho, Mhlekazi, andinabani.

[3] Quanto aos fiéis que há na terra, eles é que são os notáveis nos quais tenho todo o meu prazer.

[4] Muitos serão os sofrimentos dos que deixam o SENHOR e buscam outros deuses; eu não tomarei parte nos seus sacrifícios de sangue, e os meus lábios sequer mencionarão seus nomes.

[5] SENHOR, tu és a minha parte na herança e o meu cálice; és tu que garantes o meu futuro.

[6] As divisas das terras caíram para mim em lugares agradáveis; tenho uma maravilhosa herança!

[7] Darei louvores ao SENHOR, que me aconselha; na calada da noite o meu coração me ensina!

[8] Tenho sempre o SENHOR diante de mim. Com Ele à minha direita, não serei abalado.

[9] Essa é a razão da alegria que trago no coração e, no íntimo, exulto de prazer; e assim meu corpo repousará em paz, porque tu não me abandonarás nas profundezas da morte,

[10] nem permitirás que o teu santo sofra decomposição.

[11] Tu me fizeste conhecer o caminho da vida, a plena felicidade da tua presença e o eterno prazer de estar na tua destra.

Salmos 17

Davi pede a Deus que o proteja contra os seus inimigos e confia na sua inocência e na justiça de Deus

[3]Kuba mna ulonwabo lwam luphakathi kwemilowo yakwaThixo; nditsho leyo itshatsheleyo kweli hlabathi.

[4]Bazandisel' iintsizi abo bazinyulela thixo wumbi. Andiyi kuba nanxaxheba kumadini abo; andiyi kubanqula ngomlomo wam oothixo babo.

[5]Nguwe kuphela, Ndikhoyo, inxaxheba endiyabelweyo; lisentendeni yesandla sakhw' ibango lam.

[6]Isabelo sam sisendaweni entle; hayi ukuba lihle kwalo ilifa lam!

[7]Mbongeni uNdikhoyo ngokuba endiphe icebo; nesazela sam siyandiluleka ebusuku.

[8]Ndihlala ndimbeke phambi kwam uNdikhoyo; ungasekunene kwam, ngoko ke andiyi kushukunyiswa nto.

[9]Yiyo ke loo nto ndihleli ndichwayitile nje; ngenene ndiziva ndikhuselekile.

[10]Kaloku akuyi kundishiya enyanyeni ndide ndife; akuyi kusiyeka sibole isicaka sakho esithembekileyo.

[11]Wena undazisa iindlela zobomi; kaloku ndizala yimincili xa ndiphambi kwakho. Ngasekunene kwakho yimihlali yodwa kude kube ngunaphakade.

Iindumiso 17

Umthandazo womntu ongenankohliso

Umthandazo kaDavide.

[1] Uma oração de Davi. Ouve, ó SENHOR, meu justo lamento; dá atenção ao meu clamor. Responde a minha oração, que não procede de lábios mentirosos.

[1]Kuphulaphule ukunyaniseka kwam, Ndikhoyo; kubazel' iindlebe ukutarhuzisa kwam. Yiva, nas' isicelo sam. Kaloku mna andinankohliso.

[2] Que minha sentença favorável venha da tua face; vejam os teus olhos onde está a justiça!

[2]Malicace kuwe ibango lam; amehlo akho makakhangele ngokungenaxanasi.

[3] Podes sondar-me o coração, examinarme a consciência durante a noite, provarme com fogo, e iniquidade alguma encontras em mim; pois minha boca não é falsa diante de ti,

[3]Uyicikidile intliziyo yam, wandivelela ebusuku; undivavanyile, akwafumana bugwenxa kum. Kaloku ndizimisele ukungoni, nditsho nangokuthetha oku.

[4] como costuma agir a humanidade. Eu observei a palavra dos teus lábios e evitei o caminho dos maldosos.

[4]Andixelisang' abany' abantu ngokuphikisana nomyalelo wakho; ndizikhwebule kwiindlela zamathanda-gazi.

[5] Meus passos seguem firmes nas tuas veredas; meus pés não escorregam.

[5]Ndithe ngcembe, ndihamba ngendlela yakho; andaphambuka konke kuyo.

[6] Eu clamo a ti, ó Deus meu, pois tu me respondes; inclinas para mim os teus ouvidos e ouves a minha oração.

[6]Ndizibika kuwe, Thixo; kaloku uyandiva; zibaze iindlebe, uwuve umthandazo wam.

[7] Demonstra as maravilhas do teu amor leal, Tu, que com a tua destra salvas os que em Ti buscam refúgio e defesa contra seus agressores.

[7]Bonakalisa uthando lwakh' olungagugiyo, wena msindisi wâbo bathembela ngawe, ubakhusele ezintshabeni zabo.

[8] Protege-me como a pupila dos teus olhos, abriga-me à sombra das tuas asas protetoras,

[8]Ndilondoloze ngokokhozo lweliso lakho, undisithelise ngethunzi lamaphiko akho

[9] longe dos ímpios que me oprimem, dos inimigos mortais que me rodeiam.

[9]kubantw' abagwenxa abandihlaselayo, kwezo ntshaba zindingqongileyo, zifuth' inkohlakalo.

[10] Eles enchem seus corações de insensibilidade, e suas bocas transbordam de arrogância.

[10]Azinalo novelwano; zithe lwale likratshi.

[11] Seguem-me os passos, e já me cercam; seus olhos estão fitos em mim, prontos para derrubar-me.

[11]Ziyandizungula, zifun' ukundirhangqa; zindithe ntsho ngamehlo, zijong' ukundiqethula.

[12] São como um leão ávido pela presa escolhida, como feras sanguinárias salivando pela vítima, na tocaia.
[13] Levanta-te, SENHOR! Confronta-os! Arrasaos! Com tua espada, livra-me dos ímpios.
[14] Com tua mão, SENHOR, livra-me das pessoas mundanas, dos homens maldosos desta terra, cuja recompensa está nesta vida. Enche-lhes o ventre de tudo o que lhes reservaste; fartem-se disso os seus filhos, e o que sobrar fique para suas crianças de colo.
[15] Eu, contudo, graças à tua justiça, verei a tua face; quando despertar, terei a plena satisfação de ver tua semelhança em mim.

Salmos 18

Cântico de louvor a Deus pelas suas muitas bênçãos

[1] das mãos de todos os seus inimigos e das garras de Saul. Assim se expressou Davi: Eu te amo com todo o meu ser, ó SENHOR, minha força.

[2] O SENHOR é o meu penhasco e minha fortaleza, quem me liberta é o meu Deus. Nele me abrigo; meu rochedo, meu escudo e o poder que me salva, minha torre forte e meu refúgio.
[3] O SENHOR seja louvado! Pois clamei a Deus por livramento e estou salvo dos meus inimigos.
[4] As cordas da morte me enredaram; as torrentes da destruição me aterrorizaram.
[5] Os laços do inferno me envolveram, e as ciladas da morte me atingiram.
[6] No meu desespero clamei ao SENHOR; gritei por socorro ao meu Deus. Do seu

[12]Zifun' ukundithi qwenge-qwenge zixel' ingonyama; zindilalele zincatham' engontsini njengerhamncwa.
[13]Lamla, Ndikhoyo; zikhalimele iintshaba, uzichithe! Ndihlangule ngekrele lakho kubantw' abagwenxa.

[14]Ndihlangule, Ndikhoyo, koohlohlesakhe abazisu zimbaxa, betsho ngenyambalala yoonyana. Bathi zubelele bafe, babushiyel' oonyana obo butyebi.

[15]Mna ndobonana nawe ngenxa yobulungisa bam; ndokwaneliswa kukubona wena xa ndivukayo.

Iindumiso 18

Ingoma kaDavide yoloyiso

(2 Sam 22)

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara. UDavide isicaka sikaNdikhoyo wawubhekisa lo mhobe kuNdikhoyo mhla wamkhulula kwiintshaba zakhe nakuSawule, wathi:

[1]Ndiyakuthanda, Ndikhoyo, mandla am.
[2]NguNdikhoyo iliwa lam; nguye inqaba yam; nguye umkhuseli wam. Xa ndizimele ngoThixo wam ndihlala ndikhuselekile. Nguye ikhaka lam, nguye ondigcina ndifihlakele.
[3]Ndithi ndakukhala kuNdikhoyo, asuke andithi hlasi kwiintshaba zam. Ngenene, makabongwe uNdikhoyo!
[4]Bendirhintyelwe ziintambo zokufa, amaza arhaxayo endigubungele.
[5]Ukufa bekundirhangqile, ingcwaba selivuleke lithe ng'aa.
[6]Ndazibika kuNdikhoyo ndikuloo ngxingongo, ndalucela uncedo kuThixo

templo Ele ouviu a minha voz; minhas súplicas chegaram à sua presença e seus ouvidos me deram atenção.

wam. Wandiva engqendeve ebhotwe lakhe, savakala kuye isikhalo sam.

7 Então, toda a terra estremeceu e agitouse e os fundamentos dos montes se abalaram;tremeram por causa da ira de Deus.

7Suka wagungqa wanyikima umhlaba, nditsho neziseko zeentaba zashukuma, kuba uThixo wayenomsindo.

8 Das suas narinas subiu fumaça; da sua boca saíram brasas vivas e fogo devorador.

8Kwathi phoko umsi emathatheni akhe, walephuza amadangatye ngomlomo, kuliqika amalahle avuthayo.

9 Ele rompeu os céus e desceu; nuvens escuras estavam sob seus pés.

9Wasikrazula isibhakabhaka, wehla, ethe zukuva phezu kwelifu elimnyama.

10 Montou um querubim e voou, deslizando sobre as asas do vento.

10Wandanda ngenqwelo yezithunyw' ezimaphiko itshebeleza ngesantya emoyeni.

11 Fez das trevas um manto no qual se ocultou; das nuvens escuras, carregadas de água, o abrigo que o envolvia.

11Wayethiwe gqume sisithokothoko, kumnyama thsu; engqingwe ziingqimba zamafu anemvula.

12 Com o fulgor da sua presença, as nuvens se desfizeram em granizo e raios,

12Kwaw' isichotho namalahl' avuthayo, ziphuma kumban' ongaphambi kwakhe, zagqobhoza kuloo ntshinyela yamafu.

13 quando dos céus trovejou o SENHOR e fez ressoar a voz do Altíssimo.

13Wazongoma esibhakabhakeni uNdikhoyo, lavakal' ilizwi loPhezukonke, satsho isichotho nemibane.

14 Atirou suas flechas e afugentou meus inimigos, com os seus raios os arrasou.

14Wadubula ngeentolo zakhe, zee qhu saa iintshaba, eziswantsulisa ngokugqekreza kwemibane.

15 O fundo do mar apareceu e os alicerces da terra foram expostos por causa da tua severa repreensão, ó SENHOR, com o sopro forte das tuas narinas.

15Ewe, watsho zoma qoko iilwandle, kwatsho kwavela neziseko zelizwe, wakukhalima, wena Ndikhoyo, ugragramela iintshaba unomsindo.

16 Das alturas estendeu a mão e me agarrou; arrancou-me das águas profundas.

16Wehla, wandithi hlasi uNdikhoyo, wandihlangula kumanzi enzonzobila.

17 Livrou-me do meu adversário poderoso, de todos os meus inimigos, muito mais fortes do que eu.

17Wandihlangula kwiintshaba zam nakwabo bandichasayo, bendivuyelela.

[18] Eles me atacaram no dia da minha infelicidade, mas o SENHOR foi o meu abrigo e protetor.

[19] Ele me concedeu plena libertação; livrou-me por causa do seu amor leal a mim.

[20] O SENHOR me tratou conforme o meu justo coração; conforme a honestidade das minhas mãos, recompensou-me.

[21] Pois tenho andado nos caminhos do SENHOR; não tenho agido como ímpio, afastando-me do meu Deus.

[22] Todos os seus mandamentos estão presentes em meu ser; não me desviei dos seus decretos e preceitos.

[23] Tenho sido irrepreensível para com ele e não me permiti praticar qualquer mal.

[24] O SENHOR me recompensou segundo a minha justiça, conforme a pureza que seus olhos viram em minhas mãos.

[25] Ao fiel e bondoso te revelas fiel e bondoso, ao irrepreensível te revelas irrepreensível,

[26] ao puro te revelas puro, mas com o perverso reages à altura.

[27] Salvas os pobres e os que são humildes, mas humilhas os soberbos e altivos.

[28] Tu, SENHOR, conservas brilhando a minha luz; o meu Deus transforma em luz as minhas trevas.

[29] Com a tua ajuda posso atacar uma tropa; com o meu Deus posso transpor muralhas.

[30] Este é o Deus cujo caminho é perfeito; a palavra do SENHOR é comprovadamente verdadeira. Deus é um escudo para todos aqueles que nele buscam abrigo.

[18]Bandihlasela ndisengxingweni, wandikhusela yena uNdikhoyo.

[19]Wandihlangula ndisengozini, wandisindisa kuba ekholisekile ndim.

[20]Wandivuza uNdikhoyo, kuba ndandilungisa; wandithamsanqela, kuba ndimsulwa.

[21]Umthetho kaNdikhoyo ndiyawuthobela; andimfulathelanga uThixo wam.

[22]Yonke imiyalelo yakhe ndiyigcinile; andiyaphulanga imithetho yakhe.

[23]Uyandazi ukuba andonanga; ndiyazilumla ekwenzeni ububi.

[24]Ngoko ke uyandivuza, kuba ndisenza okulungileyo; uyandivuza, kuba akukho sikhwa kum.

[25]Uthembekile, Ndikhoyo, kwabo bathembekileyo; ubenzela ububele abo bandlela zithe tse.

[26]Umsulwa kwabo bamsulwa; uchasene nabo bangamatshijolo.

[27]Ungumsindisi wabathobekileyo; uyabathoba abo banekratshi.

[28]Usisibane sokundikhanyisela, wena Ndikhoyo; undigxothela ubumnyama, wena Thixo.

[29]Ewe, ngawe ndingawuchitha-chitha nomkhosi, ngamandla akho ndilutsibe nongqameko lwawo.

[30]Hayi bo, zigqibelele izinto azenzayo lo Thixo! Hayi ukuthembeka kwelizwi lakhe! Uyabakhusela bonke abo bathembela ngaye.

[31] Pois quem é Deus além do SENHOR?10 E quem é a Rocha a não ser o nosso Deus?
[32] O SENHOR é o Deus que me reveste de poder e faz o meu caminho perfeito.
[33] Torna os meus pés ágeis como os da corça, sustenta-me firme nas alturas.
[34] Exercita minhas mãos para a batalha e fortalece meus braços para vergar o arco de bronze.
[35] Tu me dás o teu escudo da salvação; tua mão direita me garante a vitória; desces ao meu encontro para dignificar-me.
[36] Aplainaste o meu caminho, para que, andando livre, meus tornozelos não se torçam.
[37] Persegui os meus inimigos e os alcancei; e não regressei enquanto não foram destruídos.
[38] Arrasei-os, e não conseguiram reerguer-se; morreram debaixo dos meus pés.
[39] Deste-me poder para a batalha; subjugaste os que me traíram e se voltaram contra mim.
[40] Colocaste os meus inimigos em fuga e exterminei os que me odiavam.
[41] Gritaram por salvação, mas não houve quem os livrasse; clamaram até pelo SENHOR, mas Ele não lhes respondeu.
[42] Eu os reduzi a pó, poeira que o vento carrega. Pisei-os como quem pisa na lama das estradas.
[43] Tu me livraste de um povo rebelado; fizeste-me o grande chefe das nações; um povo que não conheci coloca-se ao meu serviço.

[31]NguNdikhoyo yedwa uThixo; nguye kuphela osikhuselayo.
[32]Ewe, nguThixo ondinika amandla; nguye oyenza iphumelele indlela yam.
[33]Undicondobisa kuhle njengenxala, ndichankcathe emaweni ndingatyibiliki.
[34]Undiqhelisa ukulwa edabini, andifundise ukugoba isaphetha esomeleleyo.
[35]Ndikhoyo, undinike ikhaka lokuhlanganisa, wandixhasa ngesandla sakho esinamandla; undibonelele ndatsho ndazimaseka.
[36]Undimise endaweni ephangaleleyo; azinakutyibilika kuyo iinyawo zam.
[37]Ndizisukela ndizifumane iintshaba zam; andijiki ndide ndizitshabalalise.
[38]Ndizithi ntshinte-ntshinte zingavuki tu, ziqungquluze apho phambi kwam.
[39]Undinika amandla edabini, undoyisele iintshaba zam.
[40]Ziyandoyika iintshaba zam; abandithiyileyo ndibatshabalalisile.
[41]Ziba ngafuna uncedo, zingancedwa bani; ziba ngazibika kuNdikhoyo, angaphenduli.
[42]Mna ndizicumza zibe njengothuli luphetshethwa ngumoya, ndizinyhashe okodaka endleleni.
[43]Wandihlangula kubavukeli, walimisa igunya lam ezizweni, ndada ndaphatha nabo bendingabazi.

44 Assim que me ouvem, me obedecem; são estrangeiros que se curvam a mim.

45 Todos perderam a coragem; enfraquecidos e apavorados saem dos seus redutos.

46 O SENHOR vive! Bendita a Rocha da minha vida! Exaltado seja Deus, o meu Salvador!

47 Este é o Deus que pelo meu bem executou vingança,e que faz as nações me servirem.

48 Tu me salvaste dos meus inimigos; sim, fizeste-me vencer os meus adversários, e dos meus agressores violentos me livraste.

49 Por isso, eu te bendirei entre todas as nações, ó SENHOR; cantarei louvores ao teu santo Nome.

50 Deus dá grandes vitórias ao seu rei; e age por seu Ungido com amor fiel, por Davi e por toda a sua descendência, para sempre.

Salmos 19

A excelência da criação e suas leis, assim como da palavra de Deus

1 Para o mestre de música. Um salmo de Davi. Os céus revelam a glória de Deus, o firmamento proclama a obra de suas mãos.

2 Um dia discursa sobre isso a outro dia, e uma noite compartilha conhecimento com outra noite.

3 Não há termos, não há palavras, nenhuma voz que deles se ouça;

4 entretanto, sua linguagem é transmitida por toda a terra, e sua mensagem, até aos confins do mundo. Nos céus, Ele armou uma tenda para o sol

44Bayandithobela bakuwuva umthetho wam; ndikhahlelwe nangabasemzini abantu,

45bephuma kwiinqaba zabo begubha, bephelelwe sisibindi xa bebonke.

46Huntshu! Khul' ud' ukhokhobe, Ndikhoyo! Mawubongwe, wena mkhuseli wam, Thixo ongumhlanguli wam!

47Wena undoyisela iintshaba zam; wena ugoba iintlanga zitsho zindikhahlele;

48wena undihlangula kwabandichasayo! Ewe, undoyisele iintshaba zam, wandikhusela kubaphalazi-gazi.

49Ngoko ke ndiya kukubonga phakathi kwezizwe, ndityibele ndivuma umbongo wakho, Ndikhoyo.

50NguThixo omnika uloyiso ukumkani, omenzele izibele umthanjiswa wakhe, uDavide nayo yonke inzala yakhe kude kuse ephakadeni.

Iindumiso 19

Indalo nomyalelo kaThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1Amazulu abalisa ngobungangamsha bukaThixo, nesibhakabhaka sixela umsebenzi wezandla zakhe.

2Imini ixelela imin' elandelayo, nobusuku bubikela ubusuk' obulandelayo.

3Akukho ntetho namazwi nasandi sivakalayo;

4kodwa kukho intlokoma kulo lonk' elimiweyo, nebali lazo liwugqibe wonk' umhlaba. UThixo ulakhele esibhakabhakeni ilanga.

[5] que é como um noivo que sai de seu aposento, como feliz herói, a caminhar em sua jornada.

[5]Liphuma linyalasa njengomyen' ephum' entangeni, nanjengembalek' engxamel' ukubalek' elugqatsweni.

[6] Parte de uma extremidade dos céus e percorre o seu caminho até o outro extremo;

[6]Liphum' emaphethelwen' esibhakabhaka, liye kutshw' emaphethelweni kwelinye icala; akukho nto inokusinda kwingqatsini yalo.

[7] A lei do SENHOR é perfeita, e revigora todo o ser. As palavras que vêm do SENHORsão dignas de confiança, e transformam os mais humildes em sábios.

[7]Ugqibelele won' umyalelo kaNdikhoyo: uhlaziya amandla. Uthembekile wona, kub' unik' isiyatha ubulumko.

[8] Os preceitos do SENHOR são justos, e proporcionam alegria ao coração. Os mandamentos do SENHOR são cristalinos e iluminam o entendimento.

[8]Imimiselo kaNdikhoyo ilungile: ivuyis' intliziyo. Imithetho kaNdikhoyo inyulu: ikhanyisel' amehl' indlela.

[9] O temor do SENHOR é puro, e permanece eternamente. As ordenanças do SENHORsão verdadeiras e todas igualmente justas.

[9]Kulungil' ukunqul' uNdikhoyo; koba njalo nanini-nini. Ziyinyanis' izigqibo zakhe, yaye zilunge kwaphela.

[10] São mais desejáveis do que o ouro, mais do que muito ouro refinado; são mais doces do que o mel, do que as gotas do favo.

[10]Zinqweneleka ngaphezu kwegolide, nditheth' igolid' engcwengileyo; zimnandi ngaphezu kobusi, ewe, ndixel' ikhephelele lenqatha lobusi.

[11] Por suas ordenanças teu servo é esclarecido; e existe grande recompensa em a elas obedecer.

[11]Ngaphezu koko ziyasilulek' isicaka sakho, yaye ngumvuz' omkhulu ukukuthobela.

[12] Quem pode perceber os próprios erros? Purifica-me dos que ainda não me são claros.

[12]Kambe ke ngubani oziqiqayo iziphoso zakhe? Ndikhulul' ezonweni endingaziqondiyo.

[13] Da mesma forma livra o teu servo do orgulho, para que ele nunca me domine; então experimentarei a integridade, e serei inocente de grande transgressão.

[13]Ndikhusel' ezonwen' ezibangwa likratshi, hleze zindongamele. Ndiyakwandul' ukuba msulwa ndakuba ndikhululekil' ezonweni ezoyikekayo.

[14] Que as palavras da minha boca e o meditar do meu coração sejam aceitáveis na tua presença, SENHOR, minha Rocha e meu vingador!

[14]Ngamana angamkeleka kuwe, Ndikhoyo, amazwi am neengcamango zentliziyo yam, wena mkhuseli wam nomkhululi wam.

Salmos 20

Oração pelo rei na guerra

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. Que o SENHOR te responda no dia da angústia, que o Nome do Deus de Jacó te proteja!

[2] Do santuário te envie ajuda e de Sião te sustenha.

[3] Que recorde tuas ofertas de manjares e aprecie o teu holocausto!

[4] Que te dê o que teu coração deseja e realize todos os teus planos!

[5] Saudaremos a tua vitória com brados de alegria e ergueremos as nossas bandeiras em Nome do nosso Deus. Que o SENHOR atenda a todos os teus pedidos!

[6] Agora sei que o SENHOR dará vitória ao seu Ungido; dos seus santos céus lhe responde com o poder salvador da sua mão direita.

[7] Alguns confiam em carros e outros em cavalos, mas nós confiamos no Nome do SENHOR, o nosso Deus.

[8] Eles vacilam e caem, nós, porém, nos levantamos e ficamos de pé.

[9] SENHOR, concede vitória ao rei; e responde-nos no dia em que a ti clamamos!

Salmos 21

Davi louva a Deus pela vitória

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. O rei se alegra na tua força, ó

Iindumiso 20

Umthandazo woloyiso

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

[1]Wanga uNdikhoyo angakuphulaphula ngemini yeembandezelo! Wanga angakukhusela uThixo kaYakobi!

[2]Wanga angakuthumela uncedo luvel' ebhotwe lakhe, akuxhase esentabeni yeZiyon.

[3]Wanga angayamkela iminikelo yakho uThixo, akholiseke ngamadini omenzela wona.

[4]Wanga angakunika umnqweno wentliziyo yakho, aziphumelelise zonk' iinquleqhu zakho.

[5]Sokwandul' ukuba nemincili ngoloyiso lwakho, siphakamis' izindwe, simbong' uThixo. Wang' uNdikhoyo angaziva izicelo zakho!

[6]Kaloku ndiyaz' ukuba uNdikhoyo uyamnceda umthanjiswa wakhe, uyamva ekwibhotwe lakhe elilodwa ezulwini, umnik' uloyiso ngamandla akhe.

[7]Baqhayisa ngeenqwelo zokulwa abanye, abanye ngamahashe; thina siqhayisa ngoNdikhoyo uThixo wethu.

[8]Bona babhukuqwa bawe; thina sisuka sime ngxishi.

[9]Ndikhoyo, mnike amandla oloyiso ukumkani; sive naxa sizibika kuwe!

Iindumiso 21

Umbongo woloyiso

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

[1]Uyavuya ukumkani ngenxa yamandla akho, Ndikhoyo, uyachulumacha kuba umnike uloyiso.

SENHOR! Como é grande a sua felicidade pelas vitórias que lhe proporcionas.

2 Tu lhe concedeste o desejo do seu coração e não lhe rejeitaste as súplicas dos seus lábios.

3 Tu o recebeste dando-lhe ricas bênçãos, e em sua cabeça puseste uma coroa de ouro refinado.

4 Ele te pediu vida, e tu a concedeste, vida longa e dias felizes sem fim.

5 Pelas vitórias que lhe deste, grande é a sua glória; de esplendor e majestade o cobriste.

6 Sim! Tu o constituis como grande bênção perene e o enches de alegria com a tua presença.

7 Sim! O rei confia no SENHOR: por causa da lealdade do Altíssimo, ele jamais será abalado.

8 Tua mão alcançará todos os teus inimigos; tua destra atingirá todos os que te odeiam.

9 No grande dia em que te manifestares farás deles uma fornalha ardente. O SENHORos engolirá em sua ira, o fogo os devorará.

10 Extirparás da terra sua geração, com sua descendência, na humanidade.

11 Embora tramem o mal contra ti e elaborem ciladas terríveis, nada conseguirão;

12 pois tu os colocarás em fuga quando mirar contra eles o teu arco.

13 Exalta-te, SENHOR, na tua força! Nós cantaremos e tocaremos em teu louvor.

Salmos 22

O Messias sofre, mas triunfa

2Umnikile umnqweno wentliziyo yakhe; usivile isicelo sakhe.

3Umhlangabeze ngeentsikelelo ezingathethekiyo, wamthi jize ngesithsaba segolid' entloko.

4Wacela ubomi kuwe; wampha ubom' obude obuhlala buhleli.

5Ufumene imbeko enkulu ngenxa yoncedo lwakho; umnike udumo nobungangamela.

6Ewe, umnike uyolo olungapheliyo; kwanobukho bakho buyamchwayitisa.

7Kaloku ukumkani uthembele ngoPhezukonke, yaye ngenxa yenceba kaNdikhoyo uya kuhlal' engukumkani.

8Zonk' iintshaba zakho uya kuzibhaqa; uya kubafumana bonk' abakuthiyileyo.

9Úya kubatshisa ngesihogo somlil' akufika; uNdikhoyo wobatshabalalisa ngomsindo, abaqwele ngomlilo.

10Uya kuyiphelisa inzala yabo ehlabathini, bangabikho abantwana babo phakathi kwabantu.

11Nokuba bayila ububi ngawe, nokuba benza iyelenqe, abanakuphumelela.

12Kaloku úya kubadubula ebusweni ngeentolo zakhe, abachithe babe ziintsalu.

13Mawubongwe, Ndikhoyo, ngenxa yobugorha bakho; thina sokubonga sikudumise ngenxa yamandla akho.

Iindumiso 22

Isililo nengoma yokubonga

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara. Uvunywa ngokwengoma ethi: "Inxala lomsobomvu."

1 Para o mestre de música. Conforme a melodia A Força da Manhã. Um salmo de Davi. Meu Deus! Meu Deus! Por que me desamparaste?1 Por que estás tão distante de salvar-me, tão longe dos meus gritos de aflição?

1Thixo wam, Thixo wam, undishiyeleni na? Kudala ndizigixa, ndicel' uncedo, kodwa andikalufumani unangoku!

2 Deus meu! Eu clamo de dia, mas não respondes; durante a noite, e não recebo descanso!

2Thixo wam, emini ndikhalela kuwe, kodwa akundiva. Nasebusuku ndiyakhala, ndingafumani kuphumla phezu koko.

3 Tu, contudo, és o Santo, és Rei, és o louvor de Israel.

3Kambe wena ungqendeve phakathi kwabakudumisayo; nditsho wena ngangamela yakwaSirayeli.

4 Nossos antepassados confiaram em ti, tiveram fé em ti, e os livraste.

4Babekholose ngawe ookhokho bethu; babekuthembile, wabahlangula wena.

5 Clamaram a ti e foram libertos; em ti creram, e não se desapontaram.

5Bakhala kuwe, wabakhulula wena; babethembele ngawe, akwabadanisa.

6 Quanto a mim, sou verme, e não mais um homem, motivo de zombaria do povo, humilhado e desprezado pela humanidade.

6Ke mna andimntu, ndifana nqwa nombungu; ndiyintlekisa ebantwini, ndideliwe luluntu.

7 Ridicularizam-me todos os que me vêem; balançando a cabeça e gesticulando, lançam insultos contra mim, dizendo:

7Bonk' abandibonayo bayandigxwala; bandinyevulele, bahlunguzelis' intloko besithi:

8 "Volte-se para o SENHOR! Que Ele o livre! Salve-o, se é que lhe quer bem!"

8"Ubethembele kuNdikhoyo, makamhlangule kaloku; makamkhulule ukuba uyamthanda."

9 Apesar de tudo, foste tu quem me tiraste do ventre e preservaste-me junto ao seio de minha mãe.

9Kanti ke nguwe owawundikhusele kwasekuzalweni kwam, wandilondoloza ndisesemabeleni kama.

10 Desde o meu nascimento fui consagrado a ti; desde o ventre de minha mãe tu és o meu Deus.

10Ndahlulelwa wena kwasekuzalweni kwam; ubunguThixo wam wena ndingekazalwa.

11 Não fiques longe de mim, pois a tribulação está perto e não há quem me ajude.

11Mus' ukuba kude kum. Kaloku sele isemnyango imbandezelo; ibe akukho namnye ongandincedayo.

[12] Muitos bois selvagens me rodeiam; como touros, os poderosos de Basã5 me cercam.

[13] Rugem como leões ferozes e escancaram a boca contra mim.

[14] Eu me derramo como água, e meus ossos todos se desconjuntam; meu coração, como a cera, se derrete dentro de mim.

[15] Meu vigor secou-se como caco de barro, e a minha língua gruda no céu da boca; tu me colocas no pó, à beira da morte.

[16] Uma multidão de cães me cercou, um bando de malfeitores me envolveu!6 Traspassaramminhas mãos e meus pés.

[17] Posso contar meus ossos um a um, mas as pessoas me encaram com desprezo.

[18] Dividiram as minhas roupas entre si e lançaram sortes pelas minhas vestes.

[19] Tu, porém, ó SENHOR, não fiques longe! Força minha, vem depressa em meu auxílio.

[20] Salva minha vida da espada, livra o meu ser do ataque dos cães.

[21] Salva-me da boca dos leões e dos chifres dos búfalos raivosos. Sim, tu me respondes.

[22] Vou anunciar teu nome aos meus irmãos; cantar-te-ei louvores no meio da congregação:

[23] “Vós que temeis ao SENHOR, louvai-o!” Glorificai-o, todos vós, descendentes de Jacó; reverenciai-o, descendência toda de Israel!

[24] Pois não desprezou nem desdenhou o sofrimento do aflito; não ocultou sua face do angustiado, mas ouviu seu clamor por ajuda.

[12]Zindingqongile iintshaba zam, ngathi ziinkunz' ezomeleleyo zaseBhashan; zindivelele macal' onke.

[13]Zikhamisile, zindivulel' imilomo; ziyandijamela zixel' ingonyam' egqumayo.

[14]Ndiphelelwe; amandla aphalele njengamanzi, ahlukene onke amathambo am, intliziyo yam iyanyibilika ngathi ngumthwebeba.

[15]Aphele mpel' amandla kum, ulwimi lwam lunamathel' ezinkalakahleni, undishiy' eluthulini njengofileyo.

[16]Lindirhawul' igquba labantw' abagwenxa, ndangathi ndirhangqwe ligqiza lezinja; bandidlavul' izandla neenyawo,

[17]ngoko ke amathambo am aphandle. Ke zona iintshaba zam zibukele.

[18]Babelana ngeengubo zam; benzelan' amaqashiso ngesambatho sam.

[19]Ke wena, Ndikhoyo, mus' ukuba kude nam; Mkhululi wam, khawuleza undincede!

[20]Ndihlangule ekreleni, undisindise kwezi zinja.

[21]Ndihlangule emlonyeni wengonyama; ndisindise kulo mngcipheko ndikuwo.

[22]Ndowabalisela amawethu ngezint' ozenzileyo, ndikubonge ebandleni, ndithi:

[23]“Mbongen' uNdikhoyo, nina bamhlonelayo; mdumiseni nonke, nina bonyana bakaYakobi; mhloneleni nonke, nina nzala kaSirayeli!

[24]Kaloku akazideli engazicekisi iintsizi zehlwempu; uyaziva izicelo zalo, angalifulatheli.”

[25] De ti vem o meu louvor na grande congregação; cumprirei os meus votosna presença dos que o temem.

[26] Os pobres se alimentarão até ficarem satisfeitos; louvarão ao SENHOR aqueles que o buscam: “Que vossa vida seja longa e próspera!”

[27] Todos os confins da terra se lembrarão e se converterão ao SENHOR, e todas as famílias das nações se prostrarão diante dele.

[28] Pois ao SENHOR pertence o reino: Deus governa as nações!

[29] Todos os ricos e poderosos da terra se fartarão e o adorarão; haverão de ajoelhar-se diante de Deus todos os que descem ao pó, até aquele que não pode preservar a própria vida.

[30] Sua descendência a ele servirá; e anunciará o SENHOR às gerações futuras.

[31] E, a um povo que ainda não nasceu, testemunhará seus grandes feitos de justiça, pois Deus tudo fez com poder e glória.

Salmos 23

A felicidade de termos o Senhor como nosso pastor

[1] Um salmo de Davi. O Senhor é o meu pastor; nada me falta.

[2] Em verdes prados me faz descansar, e para águas tranquilas me guia em paz.

[3] Restaura-me o vigor e conduz-me nos caminhos da justiça por amor do seu Nome.

[4] Ainda que eu ande pelo vale da sombra da morte, não temerei mal algum, pois tu estás

[25]Ndiya kukubonga esidlangalaleni, ngenxa yezinto ondenzele zona; ndowafezekisa amadinga endawenzayo, phambi kwebandla lâbo bakuthobelayo.

[26]Amahlwempu aya kutya ahluthe mpu; bombonga uNdikhoyo abo bamfunayo. Banga banganempumelelo engapheliyo.

[27]Zonke izizwe zomkhumbula uNdikhoyo, zibuyele kuye ehlabathini liphela, ziqubude kuye zonke iintlanga.

[28]Kaloku nguNdikhoyo ukumkani; nguye umlawuli weentlanga zonke.

[29]Ewe, zonk' izinhanha ziya kudlelana, zimvume yena; nditsho yonk' intw' engumntu iya kumnqul' uNdikhoyo.

[30]Izizukulwana ziya kumkhonza, ooyise babalisele abazukulwana ngoNdikhoyo.

[31]Ewe, nâbo bangekazalwa boxelelwa ukuba uNdikhoyo wabasindisa abantu bakhe.

Iindumiso 23

NguNdikhoyo umalusi wam

Umhobe kaDavide.

[1] InguNdikhoyo nje ondalusayo, ndingaswela ntoni na?

[2]Nguye ondikhaphelela kumadlelo aluhlaza, andikhokelele kwimilambo empompozayo,

[3]nditsho ndihlaziyeke emphefumlweni. Undithundezela kwezona ndlela zilungileyo, ukuze lidunyiswe igama lakhe.

[4]Ngoko ke, nokuba ndihamba kwiingxondorha ezimnyama,

comigo; a tua vara e o teu cajado me protegem.

andinadyudyu. Kaloku ungakum, wena Ndikhoyo; isagweba sakho nebhunguza lakho lixhadi lam.

5 Tu prepararás um banquete para mim na presença dos meus inimigos; me honrarás,

5Undamkela okondwendwe oluxabisekileyo, uqukeze ude undihlinzeke ngesidlo, iintshaba zam zibukele. Ngenene, iyaphuphuma indebe yam.

6 A felicidade e a misericórdia certamente me acompanharão todos os dias da minha vida; e habitarei na Casa do Senhor por dias sem fim.

6Ngoko ke ndiya kulandelwa kokulungileyo nabububele, umzi wakho ube likhaya lam yonke imihla yobomi bam.

Salmos 24

O domínio universal de Deus. Quem é digno de entrar no seu santuário. Deus é o Rei da glória

1 Um salmo de Davi. Do SENHOR é a terra e tudo o que nela existe, o mundo e os seus habitantes.

2 Ele próprio fundou-a sobre os mares e firmou-a sobre os rios.

3 Quem pode subir ao monte do SENHOR? Quem pode ficar de pé no seu santo lugar?

4 Aquele que tem as mãos limpas e o coração puro, e não se entrega à mentira, nem age com falsidade.

5 Este receberá do SENHOR a bênção, e Deus, o seu Salvador, lhe fará justiça.

6 Estes são aqueles que o buscam, que procuram a tua face como Jacó, ó Deus.

7 Levantai, ó portas, os vossos frontões; abram-se, ó antigos portais, para que entre o Rei da Glória!

8 Quem é o Rei da Glória? É o Eterno, o poderoso e valente. Deus forte, o bravo das guerras.

Iindumiso 24

INgangalala yoKumkani

Umhobe kaDavide.

1 LelikaNdikhoyo ihlabathi liphela, nako konk' okukulo; ndixel' ilizwe elimiweyo kunye nabemi balo.

2Walisekela phezu kweelwandle; walithi zinzi phezu kwayo imilambo.

3Ngubani onganyukayo aye entabeni kaNdikhoyo; ingubani oya kuthi gcobho endlwini yakhe?

4Ngulow' uzandla zimsulwa, untliziyo inyulu, lowo ungazinquliyo izintw' ezingento, low' ungafungiyo exoka.

5Uya kumthamsanqela uNdikhoyo, kuye kube chosi, kube hele, kuba nguThixo umkhululi wakhe.

6Sinjalo ke isizukulwana sabo bamfunayo, abo bafuna ukubona uThixo kaYakobi.

7Vulekani, masango; vulekani, minyango yakudala, angene uKumkani iNgangalala!

8Ngubani loo Ngangalala yoKumkani? NguNdikhoyo igorha elinamandla onke; nguNdikhoyo onamandla onk' edabini!

[9] Levantai, ó portas, os vossos frontões; abram-se, ó antigos portais, para que entre o Rei da Glória!

[10] Quem é o Rei da Glória? É o SENHOR dos Exércitos: Ele é o Rei da Glória!

Salmos 25

Davi roga a Deus que o livre dos seus inimigos e lhe perdoe os seus pecados

[1] Um salmo de Davi. A ti, SENHOR, elevo o meu ser.

[2] Em ti tenho confiado, ó meu Deus. Não permitas que eu seja humilhado, nem que meus inimigos escarneçam de mim!

[3] Nenhum dos que acreditam em ti será decepcionado; envergonhados ficarão aqueles que, sem motivo, agem como traidores.

[4] Faze-me conhecer, ó SENHOR, os teus caminhos, ensina-me a trilhar tua vereda.

[5] Orienta-me a seguir a tua verdade e ensina-me a mantê-la, pois tu és o Deus da minha salvação e a minha esperança está em ti todos os dias.

[6] Lembra-te, meu Deus, da tua misericórdia e recorda-te da tua graça, que existem desde sempre.

[7] Não relembres os pecados e desobediências da minha juventude, lembra-te de mim, conforme teu infinito amor.

[8] Misericordioso e justo é o SENHOR e, por isso, aos pecadores reensina seu caminho.

[9]Vulekani, masango; vulekani, minyango yakudala, angene uKumkani iNgangalala!

[10]Ngubani loo Ngangalala yoKumkani? NguNdikhoyo onamandla onke; nguye uKumkani, nguye iNgangalala.

Iindumiso 25

Ukuthandazela ukukhuselwa

Umhobe kaDavide.

[1]Ndiwuphakamisela kuwe, Ndikhoyo, umphefumlo wam;

[2]Thixo wam, ndithembele kuwe. Mandingakhe ndidane konke; mazingakhe zindivuyelele konk' iintshaba zam.

[3]Ewe, mabangadani bonk' abathembele kuwe; mayibe ngâbo banxaxhayo amabadane.

[4]Ndibonise indlela yakho, Ndikhoyo; ndifundise iindlela zakho.

[5]Ndikhokelele enyanisweni yakho, undifundise. Kaloku nguwe, Thixo, umkhululi wam; ndihleli ndikulindele imini yonke.

[6]Khumbula, Ndikhoyo, inceba yakho, nothando lwakho obukade unalo kwakudala.

[7]Ungazikhumbuli izono zobutsha bam, nokungathobeli kwam umthetho wakho; kanye ndazelelele ngothando olungagungqiyo, ngenxa yobubele bakho, Ndikhoyo.

[8]UNdikhoyo unobubele, ulungile. Yiyo loo nto abafundisayo indlela yakhe aboni.

[9] Dirige os humildes na justiça e os instrui no seu caminho.

[10] Todos os caminhos do SENHOR são amor e fidelidade para os que obedecem aos preceitos da sua aliança.

[11] Pela honra de teu nome, ó SENHOR,perdoa minha grande iniquidade.

[12] Quem é aquele que teme ao SENHOR? Ele lhe ensinará o melhor caminho a seguir.

[13] Sua alma viverá em plena felicidade e seus descendentes herdarão a terra.

[14] A intimidade do SENHOR é para os que o temem, aos quais Ele revelará os segredos da sua aliança.

[15] Os meus olhos estão sempre voltados para o SENHOR, pois somente Ele livrará meus pés da cilada.

[16] Volta-te para mim e tem misericórdia de mim, pois me sinto só e em muita aflição.

[17] As angústias do meu coração se multiplicaram; liberta-me da minha desolação.

[18] Olha para minha agonia e sofrimento, e perdoa todos os meus pecados.

[19] Considera como se multiplicam meus inimigos e com que crueldade me odeiam.

[20] Protege e salva minha vida! Que eu não seja envergonhado, pois em ti me abrigo!

[21] Que a sinceridade e a retidão me preservem, pois em ti deposito toda a minha confiança.

[22] Ó Deus, liberta Israel de todas as suas atribulações!

[9]Abathobekileyo ubakhokelela kokulungileyo, abafundise indlela yakhe abalulamileyo.

[10]Zonk' iindlela zikaNdikhoyo zezothando nenyaniso kwabo bathobela umnqophiso nemithetho yakhe.

[11]Ngenxa yegama lakho, Ndikhoyo, ndixolele ityala lam nakuba lilikhulu kangaka.

[12]UNdikhoyo uya kumbonisa indlela umntu omoyikayo.

[13]Uya kuhlala enenkqubela nabantwana bakhe ube lilifa labo umhlaba.

[14]Ungumhlobo kwabo bamhlonelayo uNdikhoyo, uyabaqondisa umnqophiso wakhe.

[15]Ndihleli ndilindele uncedo lukaNdikhoyo, kuba uyawusombulula umgib' ezinyaweni zam.

[16]Buyela kum, Ndikhoyo, undenzele inceba; kaloku ndilikheswa, ndixhwalekile.

[17]Ndikhulule kwintlungu endikuyo, undikhuphe ezimbandezelweni.

[18]Qwalasela ubunzima nosizi endikulo, undixolele zonk' izono zam.

[19]Zigqale ubuninzi bazo iintshaba zam, nendlela ebuhlungu ezindiphethe ngayo ngolunya.

[20]Bukhusele ubomi bam, undihlangule; mandingadaniswa kaloku, kuba ndithembele ngawe.

[21]Mandihlale ndingasoleki ndililungisa, kuba kaloku ithemba lam likuwe.

[22]Bakhulule, Thixo, abantu bakho amaSirayeli kuzo zonke iimbandezelo zabo.

Salmos 26

Davi recorre a Deus, confiando na sua própria integridade

1 Um salmo de Davi. Ó SENHOR, sê meu juiz! Pois com integridade tenho caminhado pela vida afora e não vacilei em minha confiança no SENHOR.
2 Examina-me, SENHOR, e submete-me a provas; sonda meus sentimentos e minha mente.

3 Diante dos meus olhos contemplo o teu fiel amor, e continuamente sigo a tua verdade.

4 Não me associo com pessoas falsas,nem caminho com os hipócritas.

5 Detesto a reunião dos malfeitores, e não me assento com os ímpios.

6 Lavo minhas mãos em sinal de inocência e, assim, poderei andar ao redor do teu altar, ó SENHOR.
7 Ergo minha voz para cantar hinos de gratidão e proclamar todas as tuas maravilhas.

8 Eu amo, ó SENHOR, a casa em que habitas e o lugar onde tua glória permanece.

9 Não ceifes minha alma com a dos ímpios, nem minha vida com a dos assassinos;
10 suas mãos executam planos perversos, e a prática do suborno lhes é peculiar.
11 Mas eu vivo em integridade; livra-me e tem misericórdia de mim.
12 Os meus pés estão firmes na verdade; e, perante a grande assembleia, bendirei o SENHOR.

Iindumiso 26

Umthandazo welungisa

Umhobe kaDavide.

1Ndigwebele, Ndikhoyo; kaloku azisoleki iindlela zam, nethemba lam kuwe aligungqi.

2Ndivavanye, undicikide, Ndikhoyo; yigocagoce intliziyo yam ngokunjalo neengcinga zam.
3Ndisoloko ndikhokelwa zizibele zothando lwakho; ndihamba njalo nasenyanisweni yakho.
4Andinanto yakwenza namamenemene, ndaye ndingenabudlelwana nabakhohlisi.
5Ndiyithiyile imbutho yabantw' abagwenxa, ndaye ndingadlelani nabantw' abangcolileyo.
6Ndazihlamba kubo ezam izandla, ndenjenjeya ukuy' esibingelelweni sakho, Ndikhoyo,
7ndivuma ingoma yombongo, ndibalisa ngazo zonk' izenzo zakhw' ezingummangaliso.
8Ndiyakuthanda ukuhlala endlwini yakho, Ndikhoyo, apho sikhoyo isidima nesithozela sakho.
9Ungandikhukhulisi kunye naboni, ungandidibi nezigwinta,
10abantw' abazandla zipheth' ukungcola, abasoloko begush' ukunyoba.
11Ke mna ndohlala ndingasoleki; ndihlangule undenzel' inceba.

12Iinyawo zam zithe zinzi emhlabeni; ndibonga uNdikhoyo ebandleni.

Salmos 27

Confiança em Deus e anelo pela sua presença

[1] Um salmo da Davi. O SENHOR é a minha luz e a minha salvação: a quem temerei? O SENHOR garante a minha existência; o que eu haveria de recear?

[2] Quando os perversos, meus inimigos, avançarem contra mim para dilacerarme, eles é que tropeçarão e cairão por terra.

[3] Ainda que um exército me cerque, meu ser não se entregará ao temor; ainda que uma guerra estoure contra mim, manterei minha fé inabalável.

[4] Um anseio manifestei ao SENHOR, e sua realização buscarei: que eu possa viver na casa do SENHOR todos os dias da minha vida, para contemplar a glória do SENHOR e buscar sua orientação no seu templo.

[5] Pois no dia da adversidade Ele me protegerá, e estarei abrigado no recônditodo seu tabernáculo. Acima dos altos rochedosserei colocado em segurança.

[6] Então triunfarei sobre os adversários que me rodeiam. Em seu tabernáculo oferecerei sacrifícios de triunfo e gratidão; cantarei e louvarei ao SENHOR.

[7] Ouve a voz do meu clamor, ó SENHOR; tem piedade de mim e responde às minhas súplicas.

[8] Meu coração compreendeu o teu mandamento: “Buscai a minha face”, e por tua presença meu ser anela.

[9] Não ocultes de mim a tua face, não me afastes de ti em ira; tu tens sido o meu Advogado. Não me negues tua ajuda, nem teu amparo, ó Deus, meu Salvador!

Iindumiso 27

Umthandazo wokubonga

Umhobe kaDavide.

[1] InguNdikhoyo nje ondikhanyiselayo, inguye nje ondisindisayo, ndingoyika ntoni? InguNdikhoyo nje inqaba yam, ndingoyika bani?

[2]Xa bendidlavula abantw' abakhohlakeleyo, iintshaba zam nabandileqayo, kokhubeka kwabona, bawe.

[3]Nokuba ndingade ndingqongwe ngumkhosi, andiyi kuba naluvalo konke. Nokuba ndirhawulwe yimfazwe, ndiya kuthembela ngoNdikhoyo.

[4]Ndinqwenela into enye kuphela kuNdikhoyo, ndaye ndifuna yona kanye: le yokuba ze ndihlale kwaNdikhoyo yonke imihla yobomi bam, ndiqwalasele ubuhle bakhe, ndimfune endlwini yakhe.

[5]Kaloku wondikhusela enqabeni yakhe ngexesha lobubi, andifihle engontsini endlwini yakhe, ndithi ngcu phezulu eliweni.

[6]Ngoko ke ndiya kuzikrobela iintshaba ezindingqongileyo, ndinikele uNdikhoyo idini endlwini yakhe, ndinemivuyo ndicula, ndivumela uNdikhoyo.

[7]Ndive, Ndikhoyo, xa ndizibika kuwe; yiba nenceba kum, undiphulaphule.

[8]Kweli wena uthi: “Funani ubuso bam,” intliziyo yam yathi: “Ewe, ndiyafuna ukukubona, Ndikhoyo.”

[9]Mus' ukuzifihla kum, Ndikhoyo, ungasilahli ngomsindo isicaka sakho. Wena mncedi wam, mus' ukundilahla; uzungandishiyi, Thixo wam, Mkhululi wam.

[10] Ainda que meu pai e minha mãe me abandonem, o SENHOR me acolherá.
[11] Ensina-me o teu caminho, SENHOR; guia-me pela vereda dos justos e protegeme dos que me perseguem.
[12] Não me entregues ao apetite dos meus adversários, pois são caluniadores e se levantam contra mim, bufando crueldade.
[13] Eles me fariam desesperar, não fora minha fé perseverante de que viverei para ver a bondade do SENHOR.
[14] Confia, pois no SENHOR! Assim, fortalecerás teu coração, por depositares somente no SENHOR toda a tua esperança.

[10]Xa ndilahlwe ngubawo noma, wondichola yena uNdikhoyo.
[11]Ndifundise indlela yakho, Ndikhoyo, undikhokele endleleni elungileyo, kuba zininzi iintshaba zam.
[12]Uzungandiyekeli kwabandivukelayo, kuba andivukele amangqina obuxoki, afutha ukundenzakalisa.
[13]Ngenene ndobuxhamla kambe ububele bukaNdikhoyo lo gama ndisadla amazimba.
[14]Thembela kuNdikhoyo; yomelela, ube nesibindi! Ewe, thembela kuNdikhoyo wena!

Salmos 28

Davi roga a Deus que o aparte dos ímpios e louva-o por ter ouvido as suas súplicas

[1] Um salmo de Davi. A ti, ó SENHOR, eu suplico, Rocha minha, não deixes de ouvir o meu clamor. Pois, se permaneceres em silêncio, serei como os que voltam ao pó.
[2] Ouve a voz das minhas súplicas, quando clamo a ti por livramento, quando ergo minhas mãos em direção ao Santo dos Santos.
[3] Não me juntes aos ímpios e maldosos, no castigo que a eles está reservado, pois falam como amigos com seus companheiros, mas, na realidade, abrigam crueldade no coração.
[4] Retribui-lhes segundo seus feitos, conforme suas más obras; responde-lhes na medida de suas ações e dá-lhes o que merecem.
[5] Porque não desejam reconhecer os feitos do SENHOR nem as obras de suas mãos, Ele

Iindumiso 28

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide.

[1]Ndizibika kuwe, Ndikhoyo, xhadi lam; musa ukuzenza isithulu, hleze ndifane nabeyel' emhadini xa uthe cwaka.
[2]Live ilizwi lam xa ndizibika, xa izandla zam ndiziphakamisela kuwe ebhotwe.
[3]Uzungandisingeli phantsi kunye nabantw' abagwenxa, abantw' abenza okungcolileyo, abathetha kamnandi nabamelwane, kanti bagush' ububi.
[4]Babuyekeze ngokwemisebenzi yabo, ubohlwaye ngenxa yenkohlakalo yabo. Bavuze ngokwezintw' abazenzayo, bafumane loo nto ibafaneleyo.
[5]Ngenxa yokuba bengayinanzi imisebenzi kaNdikhoyo, kwakunye nezintw' azenzileyo,

os destruirá e jamais permitirá que se reergam.

[6] Bendito seja o SENHOR, pois atendeu às minhas petições.

[7] O SENHOR é a minha força e o meu escudo. Nele confiou meu coração e do SENHOR recebeu favor. Todo o meu ser muito se alegrou, e com meu cântico eu o louvarei.

[8] O SENHOR é a força do seu povo; Ele é a fortaleza salvadora do seu ungido.

[9] Salva o teu povo e abençoa a tua herança! Apascenta-os como seu pastor e conduze-os para sempre.

Salmos 29

Davi exorta a louvar a majestade de Deus

[1] Um salmo de Davi. Tributai ao SENHOR, vós, filhos dos poderosos, rendei ao SENHOR glória e força.

[2] Tributai ao SENHOR a glória devida ao seu Nome. Adorai ao SENHOR, por causa do esplendor da sua santidade.

[3] A voz do SENHOR ressoa sobre o bramido das águas. O Deus glorioso troveja, o SENHORestá sobre a vastidão dos mares.

[4] A voz do SENHOR expressa força; a voz do SENHOR é majestosa.

[5] A voz do SENHOR quebra os cedros; o SENHOR despedaçou os cedros do Líbano.

[6] O SENHOR faz o Líbano saltar como bezerro; e o monte Hermom, como cria de búfalo.

[7] A voz do SENHOR corta os céus com raios flamejantes.

yena wobabhubhisa baphele kuthi tu, bangaze babuye bavuke.

[6]Makabongwe uNdikhoyo, kuba ukuvile ukutarhuzisa kwam.

[7]NguNdikhoyo amandla am nekhaka lam; ndithembele ngaye ngomxhelo wam wonke. Ndoncedakala nditsho ndibe nemincili, ndimbonge ngengoma.

[8]NguNdikhoyo obomelezayo abantu bakhe; nguye omkhuselayo nomsindisayo umthanjiswa wakhe.

[9]Basindise abantu bakho, Ndikhoyo; lithamsanqelise ilifa lakho. Baluse, ubathwale ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 29

Ilizwi likaNdikhoyo linamandla

Umhobe kaDavide.

[1]Mbongen' uNdikhoyo, nina bemi baphezulu; mnikeni isihomo nesithozela namandla.

[2]Lenzelen' imbeko igama lakhe, ninqule ningcangcazela phambi kwakhe.

[3]Sivakal' emanzini elwandl' isandi selizwi lakhe; utsho kuzongome uThixo onesithozela. Kaloku nguNdikhoyo ogragramis' iilwandle.

[4]Lindongondong' ilizwi lakhe, ngugquma-barhwaqele ngenkqu.

[5]Liwis' imisedare ilizwi likaNdikhoyo; ndixel' imisedare yaseLibhanon.

[6]Lidlobis' iLibhanon ixel' inkonyane; litsho iSiriyon ixel' ithole lenyathi.

[7]Ndith' ilizwi likaNdikhoyo litshawuz' amadangatye;

8 A voz do SENHOR faz tremer o deserto; o SENHOR faz tremer o deserto de Cades.

9 A voz do SENHOR faz tremer as corças e desnuda os carvalhos nas florestas. E no seu templo todos bradam: “Glória!”

10 Acima do Dilúvio estabeleceu o Eterno seu trono. O SENHOR reinará para sempre.

11 O SENHOR concederá força ao seu povo; o SENHOR abençoará o seu povo com paz.

Salmos 30

A ira de Deus dura um momento só, mas a sua benignidade é eterna

1 Salmo e cântico de Davi para a dedicação da Casa ao Senhor. Eu te exalto, ó SENHOR, pois que me reergueste e não permitiste que meus inimigos escarnecessem de mim.

2 SENHOR meu Deus, a ti clamei por livramento e tu me curaste.

3 Ó SENHOR, tiraste-me do fosso da morte; pouco antes de descer à cova, devolveste-me a vida.

4 Cantai louvores ao Senhor, vós que sois seus servos, e dai graças ao seu santo nome.

5 Pois sua fúria dura um só instante, mas sua misericórdia prolonga-se através da vida. O pranto pode durar uma noite, mas a alegria nasce ao romper do dia.

6 Em meio a prosperidade, afirmei: Jamais serei abalado!

7 Foste tu, ó SENHOR, que por tua mercê, estabeleceste a minha força como uma

8ndith' ilizwi likaNdikhoyo linyakamis' intlango, ewe, nditsho intlango yaseKadeshe.

9Litsho kungcangcazele amanxala; litsho kuvuthuluk' amahlathi. Batsho bathi bonk' abasendlwini yakhe: “Huntshuu!”

10NguNdikhoyo olawula oozikhukula; kaloku nguye ukumkani, koda kube nini-nini.

11Wanga angabaph' amandl' abantu bakhe; wanga angabathamsanqela abaph' inzolo.

Iindumiso 30

Umthandazo wokubulela

Umhobe kaDavide; iculo lokuvulwa kwendlu kaNdikhoyo.

1Ndokudumisa, Ndikhoyo, kuba undisindisile, akwavuma ukuba zindivuyelel' iintshaba zam.

2Ndikhoyo, Thixo wam, ndibhenela kuwe; kuba wena undihlangule ekufeni.

3Wandikhupha kwelabafileyo wena, Ndikhoyo; wandikhetha kwabo behlela emhadini.

4Mbongen' uNdikhoyo, nina milowo yakwakhe, nilibonge igama lakhe elingcwele.

5Kaloku yeyomzuzwana ingqumbo yakhe; ukanti buhlala buhlel' ububele bakhe. Ewe, zibakho zon' iinzingo ebusuku, kodwa kusasa kuba yimincili yodwa.

6Xa izinto zazindilungele, ndandidla ngokuthi: “Andisoze ndoyisakale.”

7Ewe, ndandithe zinzi njengentaba ngenxa yobubele bakho, Ndikhoyo. Suka wena wasithela; ndaza mna ndakhathazeka.

montanha; contudo, ao encobrires a tua face, fiquei aterrorizado.

8 A ti, ó meu Deus, clamei. Ao SENHOR supliquei misericórdia:

9 Que proveito haverá em meu sangue, se me fizeres descer à sepultura? Acaso louvar-te-á o pó? Poderá ele proclamar a tua fidelidade?

10 Ouve, SENHOR, e tem misericórdia de mim; SENHOR, sê tu o meu socorro.

11 Converteste o meu pranto em dança; substituíste meu traje de luto por roupas de alegria.

12 Para que todo o meu ser cante louvores a ti e não se cale. Ó SENHOR, Deus meu, ações de graças te dedicarei por todo o sempre.

Salmos 31

Davi roga a Deus que o livre, louva a sua benignidade e exorta a confiar nele

1 Um Salmo de Davi. Ao mestre de música. Em ti busquei refúgio, ó SENHOR; não permitas que eu jamais seja frustrado. Por tua justiça, abriga-me.

2 Inclina para mim teu ouvido e apressate em resgatar-me. Sê minha Rocha inabalável, a fortaleza da minha salvação.

3 Tu és meu rochedo e a minha fortaleza; pela honra do teu Nome, conduze-me e guia-me.

4 Livra-me da cilada que me armaram, pois tu és o meu refúgio.

5 Nas tuas mãos entrego o meu espírito; tu me resgataste, SENHOR, o Deus verdadeiro.

8Kodwa ndithembele kuwe, Ndikhoyo; ndiyazithoba kuwe, Nkosi yam.

9Kukho nzuzoni na xa ndiye kwantshabalala? Lunganako na ukukudumisa uthuli? Khona lungabalisa na ngokunyaniseka kwakho?

10Ndive, Ndikhoyo, undenzele inceba; Ndikhoyo, yiba ngumncedi wam.

11Wabuguqula baluvuyo ubunzima bam; wandikhulul' ezokuzila, wandambathis' ezolonwabo.

12Mandikubonge ndingayeki, Thixo wam; ewe, ndikubonge kude kube ngunaphakade, Ndikhoyo!

Iindumiso 31

Umthandazo wokuthembela ngoThixo

Umhobe kaDavide; kumbhexeshi-kwayara.

1 Ndikhoyo, ndizifihla kuwe, mandingadani konke! Wena lungisa, uzundihlangule!

2Ndibekele iindlebe, ukhawulez' undihlangule. Yiba yinqaba endizimela kuyo, nomkhuseli wam ondisindisayo.

3Ewe, nguwe inqaba yam nekhusi lam; ndikhokele, undithundeze, lidunyiswe igama lakho.

4Ndikhulule kwisabatha ebendigcayiselwe ngaso, kuba ungamandla am wena.

5Ndiwunikela ezandleni zakho umoya wam; kaloku undihlangule wena, Ndikhoyo, Thixo othembekileyo.

[6] Repudio os que se mantêm em crenças vãs e enganosas. Eu, porém, confiarei só no SENHOR!

[7] Exultarei com grande alegria por tua misericórdia, pois viste a minha aflição e compreendeste a angústia da minha alma.

[8] Não me entregaste nas mãos do inimigo, mas aplainaste um caminho para que meus pés passassem seguros.

[9] Tem misericórdia de mim, ó SENHOR! Pois o desespero tomou conta da minha alma e do meu corpo; os meus olhos se consomem em prantos.

[10] A minha vida tem transcorrido em aflição, em lamentos, meus anos; devido à culpa, minhas forças se esgotaram e meus ossos se enfraqueceram.

[11] Por causa da quantidade de inimigos que me cercam, tornei-me um escândalo; para meus vizinhos, objeto de desonra; e terror, para os meus amigos. Os que me vêem na rua fogem para longe da minha presença.

[12] Sou esquecido por eles como se estivesse morto; sou considerado como um vaso quebrado.

[13] Ouço muitos murmurando sobre mim; o pavor me cerca por todos os lados, pois sei que conspiram contra mim, tramando como tirar-me a vida.

[14] Mas em ti confiei, ó SENHOR, e proclamei: “Tu és o meu Deus!”

[15] Os meus dias estão em tuas mãos; livra-me dos meus inimigos e daqueles que me perseguem.

[6]Ndibathiyile abo banqula izintw' ezingento; mna ndikholosa ngawe, Ndikhoyo.

[7]Ndovuya, ndigcobe ngenxa yezibele zothando lwakho, kuba uyibonile inkxwaleko yam, wakugqala nokungcungcutheka kwam.

[8]Akundiyekelanga kwingcinezelo yeentshaba; koko usuke wandinika inkululeko.

[9]Ndenzele inceba, Ndikhoyo, ndibandezelekile. Atsho adumba kukulila amehlo am, nam ndiphelile kukudinwa.

[10]Ziyandaluphaza iinkxwaleko zam, nemihla yam iphelela ekungcungcuthekeni. Ndiphelelwe ngamandla ngenxa yeentlupheko, namathambo am selegugile.

[11]Ndiyintlekisa kwiintshaba zam, isigculelo kubamelwane bam. Abandaziyo bayandoyika, bandibaleke, xa badibana nam esitalatweni.

[12]Sele ndalityalwa mpela; ndinjengomfi ongasakhunjulwayo; sendalahlwa kwesinomhlwa.

[13]Ewe, ndiyivile intlebendwane yabanye; kuthe saa luloyiko macal' onke, lo gama bandenzela amayelenqe, beceba ukundibulala.

[14]Kodwa ithemba lam likuwe, Ndikhoyo; ewe, unguThixo wam wena.

[15]Imihla yam isesandleni sakho; ndihlangule ezintshabeni zam nakwabanditshutshisayo.

[16] Faze resplandecer sobre mim a tua face; salva-me por tua benevolência.

[17] Não seja eu decepcionado, pois com fé te invoquei; humilhados e sem esperança deixa os ímpios; que calados, fiquem no túmulo.

[18] Sejam emudecidos os seus lábios mentirosos, pois com arrogância e desprezodesonram os justos.

[19] Imensa é a misericórdia que destinas àqueles que te temem e que, à vista de todos, dispensas aos que em ti buscam refúgio.

[20] No recôndito da tua presença os abrigas das intrigas dos soberbos; na tua habitação, os proteges das línguas maledicentes.

[21] Bendito seja o SENHOR que me fez conhecer sua misericórdia e lealdade quando eu estava em uma cidade cercada.

[22] Em meu desespero, pensei: Fui excluído da tua presença! Contudo, tu ouviste as minhas súplicas quando clamei por teu socorro.

[23] Amai o SENHOR, vós todos os seus fiéis. O SENHOR defende os leais, mas aos arrogantes retribui com largueza.

[24] Sede fortes e corajosos; Ele fortalecerá o vosso ser, vós todos os que confiam e esperam no SENHOR!

Salmos 32

A felicidade do homem perdoado. Exortação ao arrependimento

[1] Um salmo didático de Davi. Bem-aventurado aquele que tem suas transgressões perdoadas e seus pecados apagados!

[16]Ndisisicaka sakho, Ndikhoyo, ndikhangele ngobubele; ndihlangule ezintshabeni zam ngenxa yezibele zakho.

[17]Mandingadani konke, Ndikhoyo, xa ndizibika kuwe; mabadane abantw' abagwenxa, banyoshoze baye kufa.

[18]Watsho athi cwaka amaxoki, wona anyelisa amalungisa ngeentetho zolunya nendelelo.

[19]Hayi ubuhle bezinto ozigcinele abo bakuhlonelayo, Ndikhoyo; zintle kambe izinto ozenzela abo bakholose ngawe!

[20]Uyabakhusela ngobukho bakho kumayelenqe abantu, ubagushe phantsi kwephiko lakho, bangagxijwa ziintshaba.

[21]Makabongwe uNdikhoyo, kuba undenzele ububele obungummangaliso, xa ndandixiniwe, ndihlaselwa.

[22]Ukothuka kwam ndathi ndilahlelwe kude nawe, kodwa wandiva ndakuzibika kuwe.

[23]Mthandeni uNdikhoyo, nonke nina milowo yakwakhe, kuba uyabalondoloza abathembekileyo, abohlwaye abanekratshi.

[24]Qinani nibe nesibindi, nonke nina nithembele ngoNdikhoyo.

Iindumiso 32

Ukuzohlwaya nokuxolelwa

Umbongo kaDavide.

[1]Hay' uyolo lwabo baluxolelweyo ukreqo lwabo nguThixo, abo bazono zabo zingcwatyiweyo.

[2] Como é feliz aquele a quem o SENHOR não considera iníquo e em cuja alma nãohá hipocrisia!
[3] Enquanto mantive meus pecados inconfessos, meu ossos se definhavam e minha alma se agitava em angústia.
[4] Pois dia e noite a tua mão pesava sobre mim e minhas forças se desvaneceram como a seiva em tempo de seca.
[5] Confessei-te o meu pecado, reconhecendo minha iniquidade, e não encobri as minhas culpas. Então declarei: Confessarei minhas transgressões para o SENHOR, e tu perdoaste a culpa dos meus pecados.
[6] Dessa maneira, todos os que têm fé orem a ti, enquanto podes ser encontrado; quando as muitas águas se levantarem, elas não os alcançarão.

[7] Tu és o meu abrigo seguro; tu me livras das aflições e com cânticos de salvação me envolves.

[8] Diz o SENHOR: Instruir-te-ei e te guiarei no caminho a seguir; os meus olhos estarão sobre ti para aconselhar-te.
[9] Não sejais como o cavalo ou a mula, que não possuem compreensão, mas precisam ser controlados com o uso de freios e rédeas, caso contrário não poderiam obedecer.
[10] Muitos são os sofrimentos do ímpio, mas a bondade do SENHOR protegerá quem nele confia.
[11] Alegrai-vos no SENHOR, ó justos, e cantai bem alto, vós todos que sois retos de coração!

Salmos 33

[2]Ewe, unoyolo lowo athe uNdikhoyo akabubalela kuye ubugwenxa bakhe, umnt' ongenayo konke inkohliso.
[3]Ndithi ndakungasivumi isono sam, amandla atsho andiphelele, ngenxa yesingqala endiba naso imini yonke.
[4]Isandla sakho sindicinezele ubusuku nemini, ndaphelelwa ngamandla, ngathi ndigqatswe lilanga lehlobo.

[5]Ndithe ke ndakusivuma kuwe isono sam, ndabuxela ubugwenxa bam, ndisithi: “Ndisixela kuwe, Ndikhoyo, isono sam;” wandixolela wena ityala lam.

[6]Yiyo ke loo nto bazibikayo xa kunzima abo banyanisekileyo, kuba ukufika komsinga abayi kugutyungelwa.

[7]Wena uyinqaba endizifihla kuyo; uyandikhusela xa ndisebunzimeni. Undirhangqe ngosindiso lwakho; ngoko ke ndimemelela ndinemincili.

[8]Ndokwazisa indlela omawuhambe ngayo, utsho uNdikhoyo, ndikufundise, ndikujonge.

[9]Mus' ukuba sisititsi, uxel' ihashe nembongolo, izintw' ezilawulwa ngomkhala ukuze zingadlokovi.

[10]Bajongene neentsizi ezininzi abantw' abagwenxa, kodwa yena othembele kuNdikhoyo uphahlwe zizibele zakhe.
[11]Vuyani, nina malungisa, nichwayite ngenxa kaNdikhoyo; nina bamthobelayo uNdikhoyo, chulumachani!

Iindumiso 33

O júbilo do crente na contemplação das obras de Deus

[1] Ó justos, exultai no SENHOR! O desejo dos retos é louvar a Deus.

[2] Celebrai ao SENHOR com harpa, oferecei-lhe música com lira de dez cordas.

[3] Entoai-lhe um cântico novo, tocai com arte e júbilo na ovação.

[4] Porque a Palavra do SENHOR é verdadeira; Ele é fiel em tudo o que realiza.

[5] Ele ama a justiça e o direito; a terra está repleta da bondade do SENHOR.

[6] Os céus foram criados mediante a palavra do SENHOR, e todos os corpos celestes, pelo sopro de sua boca.

[7] Ele recolhe as águas do mar num vaso, e dos abismos faz reservatórios.

[8] Toda a terra tema o SENHOR; tremam diante dele todos os habitantes do mundo.

[9] Pois ele falou, e tudo se fez; Ele ordenou, e tudo surgiu.

[10] O SENHOR desfaz os planos das nações e frustra os intentos dos povos.

[11] Mas os planos do SENHOR permanecem para sempre, os projetos do seu coração por todas as gerações.

[12] Feliz a nação cujo Deus é o SENHOR, o povo que Ele escolheu para lhe pertencer!

[13] O SENHOR olha dos céus e observa toda a humanidade;

[14] do seu trono Ele contempla todos os habitantes da terra;

[15] Ele que forma o coração de todos, que conhece tudo o que fazem.

Ingoma yokubonga

[1]Mdumiseni uNdikhoyo, nina malungisa! Ewe, afanele ukumdumisa uNdikhoyo amalungisa.

[2]Mbetheleni uhadi uNdikhoyo, nimenzele ingoma ngeehapu ezingcingo zilishumi.

[3]Mombeleleni ingoma entsha uNdikhoyo; mdlaleleni ngobuchule nimemelela.

[4]Kaloku ilizwi likaNdikhoyo linyanisekile, nemisebenzi yakhe yonke inyanisekile.

[5]UNdikhoyo uyakuthanda ukunyaniseka nokulunga; lizele ihlabathi zizibele zakhe.

[6]Wathetha nje ngelizwi, akho amazulu, wadala ilanga, inyanga, noozinkwenkwezi.

[7]Wawaqokelela amanzi olwandle ngathi uwatha eselweni, wazivalela iinzulu zolwandle ngathi kukoovimba.

[8]Malimbong' uNdikhoyo lonke ihlabathi, bamhlonele bonke abemi balo.

[9]Wathetha kaloku, laza ladalwa; wawisa umyalelo, kwatsho kwavel' indalo.

[10]Uyawaphuthisa uNdikhoyo amayelenqe ezizwe, awaphanzise amacebo eentlanga.

[11]Kodwa awakhe amacebo ohlala ehleli; zohlala zikho iingcinga zakhe kude kube nini-nini.

[12]Sinoyolo isizwe esiThixo unguNdikhoyo, eso asinyule sangabantu bakhe.

[13]Wondela phantsi uNdikhoyo esezulwini, ababone bonke oonyana babantu.

[14]Ubaqwalasele bonke abemi behlabathi, engqendeve kwibhotwe lakhe.

[15]Zidalwe nguye iintliziyo zabo; uyazazi zonke izinto abazenzayo.

[16] Não há um monarca que se salve com a força dos seus exércitos; nem o guerreiro mais poderoso pode se livrar.

[17] O cavalo é ilusão de livramento, e todo o seu vigor não ajuda a escapar.

[18] Eis que os olhos do SENHOR estão sobre os que o temem, sobre os que firmam toda a esperança em suas misericórdias,

[19] para livrá-los da morte e garantir-lhes a vida, mesmo em épocas de fome.

[20] Todo o nosso ser espera no SENHOR; Ele é o nosso amparo e a nossa proteção!

[21] No SENHOR se alegrará nosso coração, já que em seu santo Nome colocamos toda a nossa fé.

[22] Derrama sobre nós tua bondade, ó SENHOR,em proporção às esperanças que só em ti depositamos.

Salmos 34

Davi louva a Deus, que respondeu às suas súplicas, e exorta a confiar nele

[1] Um salmo de Davi, quando se fingiu de louco diante de Abimeleque, que o expulsou. E, assim pôde escapar. Bendirei o SENHOR em toda circunstância, seu louvor estará sempre em meus lábios.

[2] Eu me gloriarei no SENHOR; que todos os humildes e oprimidos ouçam e se alegrem.

[3] Proclamem a majestade do SENHOR comigo, e todos a uma voz, exaltemos o seu Nome.

[4] Busquei o SENHOR e ele me respondeu, e dos meus temores todos me livrou.

[16]Asimkhosi mkhulu ohlangula ikumkani; asimandla agorha alisindisayo.

[17]Akuthenjelwa ngahashe edabini, kungemandla alo amsindisayo umntu.

[18]UNdikhoyo uyabanakekela abo bamhlonelayo nabo bathembe izibele zenceba yakhe,

[19]aze abahlangule ekufeni, abondle ngelixa lendlala.

[20]Thina sithembele kuNdikhoyo, kuba nguye umncedi nomkhuseli wethu.

[21]Ewe, siya kuchulumacha ngenxa kaNdikhoyo, kuba sithembele kwigama lakhe elidumileyo.

[22]Ndikhoyo, senzele ububele nenceba, njengoko kaloku sithembele kuwe.

Iindumiso 34

Umthandazo wokubulela izibele zikaNdikhoyo

Umhobe kaDavide xa wayezenza igeza phambi kuka-Abhimeleki owathi wamgxotha wemka.

[1]Ndohlala ndimbonga uNdikhoyo; andisayi kuyeka ukumdumisa.

[2]Ndoqhayisa ngezinto andenzele zona uNdikhoyo, batsho bavuye abo babandezelekileyo.

[3]Mbongeni uNdikhoyo, kunye nam; masilidumise kunye igama lakhe.

[4]Ndazibika kuNdikhoyo waza wandiva, wandikhulula kuko konke ukoyika kwam.

5 Contemplai-o e sereis iluminados de felicidade; vossos rostos jamais experimentarão a decepção.
6 Clamou este pobre homem, e o SENHOR o atendeu; e o libertou de todas as suastribulações.
7 O Anjo do SENHOR acampa-se ao redor dos que o temem, e os liberta.
8 Provai e vede como o SENHOR é bom. Como é feliz o homem que nele se abriga!
9 Temei ao SENHOR, vós os seus santos, pois nada falta aos que o temem.
10 Os leões podem sofrer de fome, mas para os que buscam o SENHOR nada lhes faltará.
11 Filhos vinde e escutai-me; eu vos ensinarei o temor do SENHOR.
12 Quem de vós quer ter prazer na vida, e deseja longos dias para viver em felicidade?
13 Guarda tua língua do mal e teus lábios de falarem falsamente.
14 Aparta-te do mal, e pratica o bem; busca a paz e empenha-te por conquistá-la.
15 Os olhos do SENHOR contemplam os justos, e seus ouvidos estão atentos ao seu clamor por socorro.
16 A face do SENHOR está contra os que praticam o mal, para da terra apagar qualquer lembrança deles.
17 Suplicam os justos, e o SENHOR os ouve e os liberta de todas as suas aflições.
18 Perto está o SENHOR dos que têm o coração quebrantado, e salva os de espírito abatido.

5Abacinezelweyo bathembela kuNdikhoyo, bagcobe; ewe, abasayi kuze badakumbe bona.
6Lwazibika udwayi, waluva uNdikhoyo, walukhupha kuzo zonke iinkxwaleko zalo.
7Bonke abahlonela uNdikhoyo isithunywa sakhe siyabakhusela, sibahlangule.
8Khanibuxhamle ububele bukaNdikhoyo; ngenene unoyolo umntu othembela ngoNdikhoyo!
9Mhloneleni uNdikhoyo, nina milowo yakwakhe, kuba abayi kuswela nto abo bamhlonelayo.
10Neengonyama ziyaswela zilambe, kodwa abo bamfunayo uNdikhoyo akukho nto intle bayiswelayo.
11Yizani, lusatshana; ndiphulaphuleni; ndonifundisa ukuhlonela uNdikhoyo.
12Lowo unga angadla ubomi, abe nenkqubela, lowo unga angafumana imihla emnandi,
13makazilumle ekuthetheni kakubi, ayeke ukuthetha ubuxoki;
14makahlukane nobubi, enze okulungileyo; makaphuthume uxolo, ahlale kulo.
15Kaloku uNdikhoyo uwalusile amalungisa, uyayiva imithandazo yawo;
16kodwa ubafulathele abenzi bobubi, abaphanzise bangabi sakhunjulwa emhlabeni.
17Uyaweva amalungisa akuzibika kuye, awakhulule kuzo zonke iinzima zawo.
18UNdikhoyo ukufuphi nâbo badakumbileyo, ebaphakamisa abo baphelelwe lithemba.

19 O justo enfrenta muitas adversidades, mas de todas elas o SENHOR o liberta.
20 O SENHOR preserva-lhe todo o ser, nenhum osso sequer é quebrado.
21 Os ímpios serão destruídos por sua própria maldade, e os que odeiam os justos serão condenados.
22 O SENHOR resgata a vida dos seus servos; todos os que nele buscarem refúgio serão absolvidos.

Salmos 35

Davi pede o castigo dos ímpios. Descrição da miséria destes e súplica para que Deus os julgue

1 Um salmo de Davi. Advoga minha causa, ó SENHOR,contra os que me acusam; combate contra os que me perseguem.
2 Veste a armadura e toma o escudo; levanta-te e vem em meu socorro!
3 Empunha a lança e o machado de guerra contra os meus perseguidores; dize à minha alma: Eu Sou a tua salvação.
4 Sejam humilhados e cobertos de vexame os que buscam tirar-me a vida; retrocedam envergonhados e sejam aniquilados os que tramam a minha ruína.
5 Sejam como a palha que o vento carrega, quando o Anjo do SENHOR os espalhar.
6 Tornem-se-lhes os caminhos tenebrosos e escorregadios, quando o Anjo do SENHOR os perseguir.
7 Pois sem motivo prepararam uma armadilha oculta para me apanhar; e sem causa abriram uma cova para me tragar.
8 Que de súbito venha sobre os inimigos a destruição: sejam enredados pela própria

19Zininzi iingxaki ezivelela ilungisa, kodwa uyalikhulula kuzo zonke uNdikhoyo;
20uwagcina onke amathambo alo, kungaphuki nalinye kuwo.
21Abantw' abagwenxa bobulawa ngobubi babo, bagwetywe abo balithiyayo ilungisa.
22UNdikhoyo wozihlangula izicaka zakhe; bonke abakholose ngaye abayi kugwetywa.

Iindumiso 35

Umthandazo wokucela uncedo

Umhobe kaDavide.

1 Ndikhoyo, ndilamlele kwabo bandivuyelelayo, undilwele kwabo balwa nam.
2Qubula ikhaka lakho nesikrweqe sakho, undincede undilamlele.
3Wurhole umkhonto nentshuntshe yakho, ubavalele indlela abo bandileqayo, uthi kum: “Ndim umhlanguli wakho.”
4Mabahlazeke, badane abandizungulayo; mabajike bedidekile abo bandenzela amayelenqe.
5Mababe njengenkunkuma ephetshethwa ngumoya, sibaqweqwedise isithunywa sikaNdikhoyo.
6Mayingacaci indlela yabo, mayibe mtyibilizi; masibasukele isithunywa sikaNdikhoyo.
7Kaloku bebendigcayisele ndingenzanga nto, befun' ukunditshonisa emhadini kungekho sizathu.
8Mabatshabalale ngequbuliso bengekaqondi, barhintyelwe nguloo mgibe

cilada que me armaram, caiam na cova que escavaram para me matar e lá se arruínem de vez.

[9] Então, todo o meu ser transbordará de gratidão ao SENHOR e se regozijará na sua salvação.

[10] Proclamarei ao mundo, de corpo e alma: Quem poderá se assemelhar a ti, ó SENHOR?

[11] Falsas testemunhas se levantam e me interrogam sobre atos que não cometi.

[12] Retribuem-me o bem com o mal, e essa decepção enluta a minha alma.

[13] Da minha parte, entretanto, quando estiveram doentes, usei vestes de lamento; humilhei-me com jejum e derramei sobre meu próprio peito muitas orações.

[14] Andei vagueando e lamentando como por um amigo ou irmão; prostrei-me enlutado, como quem chora por sua mãe.

[15] Contudo, assim que tropecei, eles se alegraram e contra mim se ajuntaram; reuniram-se às ocultas para me atacar e agrediram-me sem cessar.

[16] Como ímpios zombando do meu refúgio rangem os dentes contra mim.

[17] Ó SENHOR! Até quando tolerarás essa injustiça? Livra-me a alma das tramas dos impiedosos; minha vida, dos que me atacam como leões.

[18] Render-te-ei graças perante a grande assembleia; louvar-te-ei diante das multidões.

bebendigcayisele ngawo, beyele kuwo, batshabalale.

[9]Ndovuya ke, ndichulumache, kuba uNdikhoyo undihlangule.

[10]Ndothi ngomxhelo wonke: “Akakho onjengawe, Ndikhoyo.” Wena uhlangula iindwayi kwabanamandla kunazo, ukhusele indwayinge kubacinezeli.

[11]Kuvele amangqina athetha ulwimi ngam, andinkqangisa ngezinto endingazaziyo;

[12]andibuyekeza ubuhle ngobubi, ndatsho ndaphelelwa lithemba.

[13]Kodwa mna, okuya babegula, ndambatha ezirhwexayo, ndazicinezela nangokuzila ukutya, ndithandaza ngentobeko.

[14]Ndangathi ndithandazela umhlobo wam nomntakwethu; ndathokombisa intloko ngokungathi ndizilela umama.

[15]Ndithe ke ndakuba sengxakini, baqokelelana bandihleba, ndanyeliswa nazizinto endingazaziyo.

[16]Bandenza intlekisa, bandingcungcuthekisa, bendijamela ngentiyokazi enkulu.

[17]Koda kube nini na kodwa ubukele, Ndikhoyo? Nceda ndihlangule kwabandiqwengayo; busindise ubomi bam kwezi ngonyama.

[18]Ndokubonga phakathi kwebandla, ndikuncome esidlangalaleni.

[19] Que sobre mim não se rejubilem aqueles que traíram minha amizade, nem permitas que esses inimigos gratuitos troquem olhares de escárnio.

[20] Não é de paz que se ocupam; ao contrário, planejam falsas acusações contra os que vivem em paz na terra.

[21] Com a boca escancarada riem de mim e me acusam: “Agora o apanhamos! Vimos tudo com nossos próprios olhos!”

[22] Tu, SENHOR, os vistes; não ignores seus atos! Não te afastes de mim, ó SENHOR.

[23] Desperta! Levanta! Faze-me justiça! Defende a minha causa, meu Deus e meu Senhor!

[24] SENHOR, meu Deus, tu és justo; restitui o meu direito para que eles não se divirtam à minha custa.

[25] Não permitas que pensem: “É isso! Exatamente como queríamos!” Nem que digam: “Acabamos com ele!”

[26] Sejam humilhados e frustrados todos os que se alegram com a minha desgraça! Sejam cobertos de vexame e desonra os que se levantaram contra mim.

[27] Cantem de júbilo e se alegrem os que desejam ver a prova da minha inocência, e repitam continuamente: “Glorificado seja o SENHOR, que tem prazer na felicidade do seu servo!”

[28] E a minha língua proclamará a tua justiça e o teu louvor o dia inteiro!

Salmos 36

A malícia dos ímpios. Nosso refúgio está em Deus, que salva os retos

[19]Mazingandivuyeleli ngobuxoki iintshaba zam, bangandisinekeli abo bandithiya ndingenatyala.

[20]Bona abathethi ngemibandela yoxolo, koko bayila ubuxoki ngabathand' uxolo.

[21]Bandivuyelela besithi: “Heke! Sikubhaqile!”

[22]Ndikhoyo, nguwe ingqina lam, mus' ukuthi tu! Nkosi yam, mus' ukuchasela!

[23]Lamla, Nkosi, ndiphendulele; Thixo wam, ndithethelele!

[24]Ndikhoyo, Thixo olilungisa, ndigwebele; mazingandinyevuleli iintshaba zam.

[25]Mazingandigcolotheli zithi: “Nantso ke! Simgqibile ngoku!”

[26]Mabadane badideke abavuyiswa yinkxwaleko yam; mabadane baphoxeke abazikhukhumalisayo.

[27]Makube yimincili kwabo bafuna ndigwetyelwe; mabamemelele bathi: “Makabongwe uNdikhoyo, yena ofuna impumelelo yesicaka sakhe.”

[28]Ke mna ndovakalisa ukulunga kwakho, ndikubonge imini yonke.

Iindumiso 36

Inkohlakalo yomntu nokulunga kukaThixo

Umhobe kaDavide isicaka sikaNdikhoyo; kumbhexeshi-kwayara.

[1] Ao mestre de música. Um salmo de Davi, servo do SENHOR. Há em meu íntimo uma Palavra do SENHOR sobre a maldade do ímpio: Aos seus olhos não faz sentido temer a Deus.

[1]Isono esendele entliziyweni siyamngxolela umnt' ogwenxa, asuke angamoyiki uThixo.

[2] O ímpio é tão arrogante que não percebe e muito menos rejeita seu pecado.

[2]Simthi lwale ngokuzikhohlisa angaliboni isikizi lobubi baso.

[3] Suas palavras são maldosas, ardilosas e traiçoeiras. Abandonou o bom senso, a justiça e a prática do bem.

[3]Intetho yakhe ayilunganga; izele yinkohliso. Selephelelwe nakukwazi ukwenza okulungileyo.

[4] Antes de dormir, sua mente trama ações cruéis; nada há de bom no caminho que escolheu, apega-se ao mal cada vez mais.

[4]Xa esemandlalweni ucinga amacebo aphuthileyo, azimisele ukuhamba ngendlela egwenxa, angayityesheli inkohlakalo.

[5] Mas a tua benignidade, ó SENHOR, chega até os céus; a tua fidelidade, até as nuvens.

[5]Kodwa zona izibele zakho, Ndikhoyo, ziye kuthi gaa ngamazulu, nentembeko yakho yaya kuthi ngqu ngamafu.

[6] A tua justiça é firme como as altas montanhas; e teus juízos, insondáveis como o fundo dos oceanos. Tu, ó SENHOR,preservas a raça humana e todos os animais.

[6]Ukulunga kwakho akugungqi, kunjengentaba; zinzulu njengolwandle zona izigqibo zakho. Uyabanakekela abantu nezilo, wena Ndikhoyo.

[7] Quão precioso é teu amor, ó Deus! À sombra das tuas asas os filhos de Adão encontram refúgio.

[7]Hayi izibele zakho, Thixo, ebantwini! Oonyana babantu bazimela phantsi kwephiko lakho.

[8] Eles se banquetearão na plenitude da tua casa; tu lhes saciarás a sede com as águas puras do teu rio do Éden.

[8]Baxhamla intlutha yendlu yakho; ubaseze kumlambo wokulunga kwakho.

[9] Pois em ti está a fonte da vida; graças à tua luz somos iluminados.

[9]Wena ulithende lobomi; ngokhanyiso lwakho sibona ukukhanya.

[10] Estende a tua benignidade aos que se consagram a ti, a tua justiça aos que são puros de coração.

[10]Mazinganqamki izibele zakho kubo bonke abo bakwaziyo, uwabonelele amalungisa.

[11] Não permitas que o soberbo pise sobre mim, nem que a mão do ímpio me faça retroceder.

[11]Mandinganyhashwa ngeenyawo ngabanolunya, ndingantlithwa zizandla zabagwenxa.

[12] Eis que tombaram todos os que praticaram o mal; foram lançados ao chão e jamais se levantarão!

Salmos 37

A prosperidade dos pecadores acaba, e somente os justos serão felizes

[1] Ao mestre de música. Um salmo de Davi, servo do SENHOR. Não te indignes por causa das más pessoas; nem tenhas inveja daqueles que praticam a injustiça.

[2] Pois eles em pouco tempo secarão como o capim, e como a relva verde logo murcharão.

[3] Confia no SENHOR e pratica o bem; assim habitarás em paz na terra e te nutrirás com a fé.

[4] Deleita-te no SENHOR, e Ele satisfará os desejos do teu coração.

[5] Entrega o teu caminho ao SENHOR, confia nele, e o mais Ele fará.

[6] Ele exibirá a tua justiça como a luz, e o teu direito como o sol ao meio-dia.

[7] Aquieta-te diante do SENHOR e aguarda por Ele com paciência; não te irrites por causa da pessoa que prospera, nem com aqueles que tramam perversidades.

[8] Deixa a ira e abandona o furor; não te impacientes. Não te inflames, pois assim causarás mal a ti mesmo.

[9] Pois os malfeitores serão exterminados, mas os que depositam sua esperança no SENHOR herdarão a terra.

[10] Mais algum tempo apenas, e já não existirá o ímpio; tu o procurarás em seu lugar, porém não mais o encontrarás.

[12]Bawile daxa abantw' abagwenxa; bakhahlelwe phantsi, abavuka.

Iindumiso 37

Isiphelo samatshijolo nesamalungisa

Umhobe kaDavide.

[1]Mus' ukuziduba ngamatshijolo wena, ungabamoneli abenzi bobubi.

[2]Kwakamsinya baya kubuna njengengca, bavuthuluke njengamagqabi.

[24] Já se avista a tua marcha triunfal, ó Eterno, a marcha do meu Deus e Rei adentrando o santuário!

[24]Umngcelele wakho, Thixo, uyabonakala, umngcelele oya esibingelelweni, nditsho okaThixo, ukumkani wam.

[25] À frente marcham os cantores, depois, os músicos; com eles caminham os jovens tocando pandeiros.

[26] Congregai-vos para bendizer a Deus! Abençoai ao SENHOR, todos vós que vindes da fonte de Israel.

[27] Ali está a pequena tribo de Benjamim a conduzi-los, os príncipes de Judá acompanhados de seus exércitos, e os príncipes de Zebulom e Naftali.

[28] Teu Deus dispensou o poder em teu favor: mostra teu poder, ó Deus, que usaste para o nosso bem,

[29] desde teu templo, em Jerusalém, aonde reis vêm trazer-te presentes!

[30] Repreende a fera entre os juncos, a manada de touros entre os novilhos das nações, até que se curvem humildes, trazendo oferendas de prata; dispersa os povos que se deleitam em praticar as guerras.

[31] Embaixadores virão do Egito, e toda a Etiópia estenderá suas mãos para louvar a Deus!

[32] Reinos da terra, cantai para Deus, salmodiai ao Senhor

[33] que cavalga pelos céus, desde a eternidade passada, fazendo ecoar sua voz poderosa e comandando o Universo!

[34] Reconhecei e honrai a soberania do Eterno, cujo poder está na altura dos céus e cuja majestade se derrama sobre Israel, seu povo.

[35] De seu santuário emana o temor do Eterno, o Deus de Israel, que concede força e grandeza a seu povo. Bendito seja, ó Deus!

[25]Phambili ngabantyilozayo, belandelwa ngabangqungqayo; phakathi kwabo iintombi zibeth' iingqongqo.

[26]Mbongeni uThixo embizweni yakhe; mbongeni, nina bandla likaSirayeli!

[27]Zikhokelwa nguBhenjamin inci. Nâlo neqela lamatshawe akwaJuda. Ayalandela awakwaZebhulon nawakwaNafetali.

[28]Bonakalìsa ubungangamsha bakho, Thixo; loo mandla wasinceda ngawo, Thixo.

[29]Ngenxa yesidima sendlu yakho eJerusalem izikumkani ziza zipheth' imirhumo.

[30]Bakhalimele abo bahlala eJiputa, isizwe esiziphetheleyo izizwe, esicinezela ezinye ngenxa yomrhumo. Isizwe esingumnqay' ulambile sizichitha-chithile ezinye izizwe.

[31]Imirhumo mayize iphuma eJiputa; amaKushe makaphakamele kuThixo azibike.

[32]Culelan' uThixo, zizwe zehlabathi; memelelani nimbonge uMhlekazi;

[33]kulowo ucanda amazulu, nditsho amazulu amandulo, otsho ngelizwi ngathi liyazongoma.

[34]Wancomeni amandla kaThixo obungangamsha buphezu koSirayeli, omagunya akhe asesibhakabhakeni.

[35]Uyamangalisa uThixo kwikomkhulu lakhe; ewe, nditsho uThixo kaSirayeli.

Abantu bakhe ubabela amandla nokomelela. Huntshu-u-u, mbongeni uThixo!

Salmos 69

Os sofrimentos de Davi prefiguram os do Messias

1 Ao regente do coro: segundo a melodia "Os Lírios". Um salmo de Davi. Ó Deus, salva-me! Porquanto as águas chegaram até o meu pescoço.

2 Nas profundezas lamacentas estou afundando; não tenho como firmar meus pés; cheguei às águas profundas, e a forte correnteza me arrasta!

3 De tanto clamar por socorro, ressecouse minha garganta, se embaçaram meus olhos e se fatigou sobremaneira o meu corpo, enquanto aguardo pelo auxílio do meu Deus!

4 São mais numerosos que os cabelos de minha cabeça os que me odeiam sem causa; poderosos são os que me querem aniquilar, são injustos meus inimigos: o que roubei, como hei de restituir?

5 Conheces, ó Deus, meus desatinos e o quanto fui insensato; as minhas culpas não te são encobertas.

6 Contudo, não permitas que eu venha ser causa de humilhações para aqueles que têm fé em ti, ó Eterno, Deus das Legiões. Que não sejam por mim envergonhados os que te buscam, ó Deus de Israel!

7 Porquanto por amor a ti suporto zombarias, e a vergonha cobre-me o rosto.

Iindumiso 69

Ukuzibika

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide. Uculwa ngathi yilaa ngoma ithi: "Iinyibiba."

1Awu, khawundihlangule, Thixo! Ndithe gabhu ngentamo emanzini.

2Ndiyazika eludakeni olubizelayo, apho kungekho nokuxhathisa. Ndithe dyumpu esizibeni; umsinga uyandintywilisela.

3Sendikhale zada zoma, kungokunje ndom' umqala; amehlo afiphele kukujong' enkalweni, ndilangazelela wena, Thixo wam.

4Abo bandithiyileyo ngaphandle kwesizathu bagqitha inani leenwele zentloko yam. Zizigantsontso ezifuna ukunditshabalalisa, ezindihlasela ngokundityhola. Ndingathini ukuhlawula ndingebanga nje?

5Ke wena, Thixo wam, uyasazi isono sam; amatyala am' aselubala kuwe.

6Awu, Ndikhoyo, Thixo onamandla onke, mandingabahlazisi abo bakholosa ngawe; abakulangazelelayo mabangangcikivwa ngenxa yam, Thixo kaSirayeli.

7Kaloku kungenxa yakho ndinyeliswa nje; ngoku sendintywil' ehlazweni.

[8] Sou um estrangeiro para meus próprios irmãos, um estranho até para os filhos da minha mãe;

[9] pois me consumiu o zelo que dedico à tua Casa, e sobre mim recaíram os vitupérios dos que te insultam.

[10] Com jejum e muitas lágrimas afligi minha própria alma, e isso ainda mais os enfureceu.

[11] Com mortalha me cobri e perante eles fui objeto de zombarias.

[12] Murmuram contra mim os que se ajuntam nas portas da cidade, e sou tema de chacotas nas canções dos bêbados.

[13] Todavia eu, SENHOR, no tempo oportuno elevo a ti minha petição; respondeme, por teu grande amor, ó Deus, com tua graça infalível!

[14] Resgata-me do lamaçal, para que eu nele não pereça; salva-me de meus detratores e das profundezas das águas.

[15] Que eu não seja arrastado por seu turbilhão, nem tragado pelo abismo, e que tampouco se feche sobre mim a boca do poço onde caí.

[16] Responde-me, ó Eterno, pois incomensurável é tua benevolência; volta-te para mim com a grandeza de tua magnanimidade.

[17] Não ocultes do teu servo a tua face; responde-me de pronto, pois estou muito angustiado.

[18] Faze que de ti se aproxime a minha alma, redime-a e salva-me de meus inimigos.

[8]Sendaba yintlanga kumawethu; ndingumhambi kwiinto zikabawo.

[9]Ke kona ukuzondelela indlu yakho kundongamele; izithuko zabakunyelisayo ziphezu kwam.

[10]Ndalila ezimathontsi, ndizila ukutya, kodwa naleyo yaba sisingcikivo.

[11]Ndithi ndakunxiba ezirhwexayo zokuzila ndisuke ndibe ngundaba-mlonyeni.

[12]Bancokola ngam ezimbuthweni; sendide ndayingoma yamanxila.

[13]Kambe ke, Ndikhoyo, mna ndiyakuthandaza. Ngeli xesha lifanelekileyo, Thixo, nangenxa yendyebo yezibele zothando lwakho, khawuncede undiphendule. Ngenxa yokuthembeka kwakho ndihlangule; naku sendizika eludakeni.

[14]Ndisindise ezintshabeni zam; ndikhuphe emanzini anzongonzongo.

[15]Ewe, mandingantywiliselwa ngumsinga; mandingarhaxwa kwisiziba esimnyama; mandingaginywa yinzonzobila.

[16]Hayi ubuhle bezibele zakho! Ndikhoyo, ndivelele undiphendule; ewe, ngokobuninzi beenceba zakho ndive!

[17]Musa ukusifulathela isicaka sakho. Ndibandezelekile; nceda undiphendule.

[18]Sondela undisindise; ndikhulule ezintshabeni zam.

[19] Pois sabes da vergonha e do infortúnio que me fazem passar.

[20] Meu coração se partiu ante tanta humilhação, e me sinto gravemente enfermo. Procurei alguém que se compadecesse de mim e me confortasse, mas a ninguém encontrei.

[21] Ao contrário, puseram veneno em meu alimento e vinagre me oferecem para mitigar minha sede.

[22] Que, em retribuição, a mesa deles se lhes transforme em armadilha e sua paz, em emboscada.

[23] Que se lhes escureçam os olhos para que, de fato, não possam ver; faze-lhes tremer o corpo sem que haja como cessar!

[24] Despeja sobre eles a tua ira justa; que o teu furor ardente os alcance.

[25] Que sejam destruídos os seus palácios e que fiquem desertas as suas tendas.

[26] Pois têm prazer em perseguir a quem tu puniste e acrescentam dor e sofrimento a quem feriste.

[27] Agrega iniquidade à iniquidade deles para que não mereçam usufruir da tua justiça.

[28] Que tenham seus nomes apagados do Livro da Vida, e jamais sejam inscritos entre os justos novamente.

[29] Quanto a mim, grande é minha afliçã e minha dor! Protege-me, ó Deus. A tua salvação há de me elevar acima de qualquer sofrimento!

[30] Em cânticos, então, louvarei o Nome do Eterno, e em meus agradecimentos exaltarei a ti Senhor!

[19]Uyayazi indlela endingcikivwa ngayo; uyazi ukuba andinto yanto, ndihlazekile; uyazazi zonke iintshaba zam.

[20]Izinyeliso ziwaphule umoya wam; kungokunje ndivikivekile. Ndathemba ukukhuzwa, kodwa nya! Nokuthuthuzelwa andakufumana.

[21]Ndaweni yokutya ndanikwa ityhefu; endaweni yamanzi yaba yiviniga.

[22]Mabenzakaliswe kwakukutya kwabo, amatheko abo abe ngumgibe kubo.

[23]Mabamfanyekiswe bangaboni; umzimba wabo mawutyhutyhwe lidumbe.

[24]Mabagutyungelwe yingqumbo yakho; mabatshiswe ngumsindo wakho.

[25]Mawube linxuwa umzi wabo, makungahlali nabani kuwo,

[26]kuba bayamtshutshisa ombethileyo, baphoxise ngaye omenzakalisileyo.

[27]Bancine ngesona sohlwayo; mabaphoswe yinceba yakho.

[28]Mabacinywe kwincwadi yoludwe lwabaphilayo, mabangadweliswa namalungisa.

[29]Kambe ke ndiyajwaqeka yintlungu; ndonyule undisindise, Thixo.

[30]Ndiya kumemelela ndibonge uThixo; ndiya kumncoma ndidomboze.

[31] Serei mais agradável ao SENHOR do que a mais perfeita oferta de todo o passado!

[32] Alegrar-se-ão os humildes e animar-se-ão os corações dos que buscam a Deus.

[33] Porquanto todos verão que Deus ouve os necessitados e não despreza os alquebrados.

[34] Louvem-no os céus e a terra, os mares e tudo o que neles se move!

[35] Pois Deus salvará Sião e reconstruirá as cidades de Judá; e haverá habitantes que a herdarão.

[36] A descendência de seus servos a receberá em herança, e os que amam o seu Nome farão nela sua morada!

Salmos 70

Na sua aflição Davi suplica a Deus que se apresse em livrá-lo

[1] Para o mestre de música. Uma oração em forma de poema. De Davi. Ó Deus, para minha libertação, apressa-te, SENHOR, em socorrer-me!

[2] Cubram-se de vergonha e confusão os que me demandam a própria vida! Recuem,

[3] Recuem, cobertos de vergonha, os que maliciosamente murmuram: “Bem-feito!

[4] Contudo, que se alegrem e regozijem, por tua causa, todos os que te buscam! “Deus é grande!” Proclamem sem cessar os que amam a tua salvação!

[31]Lo ke wona umbulelo ubalasele; ungaphezulu kokubulela ngethole kuNdikhoyo, uyidlula lee inkunzi yenkomo.

[32]Ke bona abahlelelekileyo baya kuvuya; abamlangazelelayo uThixo bokhuthazeka.

[33]Kaloku uNdikhoyo uyabeva abahlelelekileyo; akabacekisi abakhe ababanjiweyo.

[34]Dandulukani, mazulu nani hlabathi, nimbonge, nani zilwandle nako konke okushukumayo kuni!

[35]Kuba uThixo uya kuyisindisa iZiyon, aphinde azakhe izixeko zakwaJuda. Izicaka zakhe ziya kuba ngabemi bakhona,

[36]izizukulwana zona zidle ilifa, bathi nabamthandayo bahlale khona.

Iindumiso 70

Ukucela uncedo

(Ndum 40:13-17)

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide, olungiselelwe umnikelo wesikhumbuzo.

[1]Awu, khawuncede undihlangule, Thixo! Khawuleza, Ndikhoyo, undincede!

[2]Mabadane badideke abandizondayo; mabarhoxe baphoxeke abazungula ukundenzakalisa.

[3]Mabajike benyoshoza abo bathi tshotsho vityo.

[4]Abakulangazelelayo mabavuye bagcobe ngawe; abaluthandayo usindiso lwakho mabangaphezi ukuthi: “Huntshu – uyingangalala uThixo!”

[5] Sendo eu um pobre aflito, ó Deus, apressa-te em valer-me! Tu és meu auxílio e meu Libertador: SENHOR, não tardes mais!

[5]Ke mna ndilihlwempu, ndiludwayi; awu, Thixo, khawundivelele! Umncedi nomhlanguli wam nguwe; sukuba saphozisa maseko, Ndikhoyo!

Salmos 71

Davi confia em Deus e roga-lhe que o livre dos seus inimigos e o proteja

[1] Em ti, SENHOR, me refugio: que jamais eu seja envergonhado!

[2] Por tua justiça, me livrarás e me libertarás. Inclina para mim teus ouvidos e salva-me!

[3] Sê para mim a rocha de refúgio, sempre acessível, pois decidiste salvar-me. Sim, és o meu rochedo e minha fortaleza!

[4] Meu Deus, livra-me da mão do ímpio, das mãos dos criminosos e dos violentos!

[5] Tu és minha esperança, ó Soberano SENHOR; deposito em ti toda a minha confiança, desde a minha juventude.

[6] Ora, desde o ventre materno dependo de ti, das entranhas de minha mãe me separaste; dia após dia és motivo de todo o meu louvor.

[7] Para muitos tornei-me um prodígio, enquanto eras tu meu refúgio fortificado.

[8] Minha boca está repleta do teu louvor, e constantemente proclamo o teu esplendor!

[9] Portanto, não me rejeites agora, na velhice; quando as forças declinam, não me abandones!

[10] Pois meus inimigos tramam contra mim, confabulam entre si os que me espreitam com a intenção de tirar a minha vida.

[11] Alegam: "Deus o abandonou: persegui-o, agarrai-o! Pois não há quem o possa salvar".

Iindumiso 71

Umthandazo wengwevu

[1] Ndikhoyo, ndizimela ngawe, mandingaze ndidaniswe.

[2]Njengokuba ulilungisa, ndihlangule undisindise; ndiphulaphule, undikhulule.

[3]Yiba ngumqolomba wokuzimela; yiba yinqaba endiphephela kuyo. Thetha ngezwi ndikhuseleke; kaloku uligwiba elindikhuselayo.

[4]Thixo wam, ndihlangule kwabakhohlakeleyo, ndingabanjwa ngabagwenxa nezikhohlakali.

[5]Kaloku ithemba lam nguwe, Nkosi; ndakholosa ngawe ndisengumntwana, Ndikhoyo.

[6]Ndaqamela ngawe kwasekuzalweni; ndakhutshwa nguwe kumama. Ndiya kukubonga njalo-njalo.

[7]Ndisisimanga kwabaninzi, kodwa ke wena uyandikhusela.

[8]Ndiswel' imilomo yokukubonga, ndikudumise maxa onke.

[9]Ungandilahli ndakuguga; ungandishiyi ndakuphelelwa ngamandla.

[10]Iintshaba zifakan' imilomo ngam; abandizungulayo bayacebisana.

[11]Bathi: "Ulahliwe nguThixo. Masimsukele simgxagxamise. Akukho uya kumhlangula."

[12] Ó Deus, não fiques longe de mim, meu SENHOR, vem depressa em meu auxílio!
[13] Sejam confundidos e abatidos os que me hostilizam! Cubram-se de opróbrio e de vexame os que buscam meu dano!
[14] Eu, todavia, sempre esperançoso, redobrarei mais e mais teus louvores.
[15] Minha boca narrará tua justiça e, em todos os dias da minha existência, os teus incontáveis atos de salvação!
[16] Proclamarei os teus feitos poderosos, ó Soberano SENHOR; divulgarei diante de todos a tua justiça.
[17] Desde a minha juventude, ó Deus, tens me ensinado, e até hoje eu anuncio as tuas maravilhas!
[18] Agora, porém, vejo que estou idoso, de cabelos brancos: não me desampares, ó Deus; para que eu possa pregar sobre as grandes obras de teu braço, às gerações presentes e futuras.
[19] Ora, tua justiça, ó Deus, chega até as mais elevadas alturas. Grandes proezas realizaste,
[20] Tu, que me fizeste experimentar tantas aflições e desgraças, de novo me farás viver, e das profundezas da terra me farás ressuscitar.
[21] Aumentarás minha dignidade e, uma vez mais, me abençoarás com a tua presença confortante.
[22] Então, acompanhado da harpa, te darei graças, meu Deus, por tua fidelidade; cantarei louvores para ti, ao som da cítara, ó Santo de Israel.

[12]Sondela kum, Thixo! Khawuleza undincede, Thixo wam!
[13]Abandihlaselayo mabahlazeke babhubhe. Ngamana baphoxeka bahlazeka abazungula ukundenzakalisa.
[14]Ndiya kuthembela kuwe rhoqo, ndikubonge njalo-njalo.
[15]Ndiya kububhengeza ubulungisa bakho, ndihlale ndiluvakalisa usindiso lwakho nakuba lungenakuphicothwa.
[16]Ndize kukudumisa, Mhlekazi Ndikhoyo, ngenxa yamandla akho, ndikubonge ngobulungisa obungakanana.
[17]Wandifundisa kwasebuncinaneni, Thixo. Unangoku ndisayincoma imisebenzi yakho, kuba iyamangalisa.
[18]Nangona ndiyingwevu nje, sukundilahla, Thixo, ndide ndiwabhengeze amandla akho nakwizizukulwana ezizayo.
[19]Amandla nobulungisa bakho, Thixo, bufikelela emazulwini. Kambe zinkulu izinto ozenzileyo. Awu, Thixo, akakho onjengawe!
[20]Undithubelezise ezinkathazweni ezininzi; kambe ke uya kundihlangula ekufeni, undikhuphe emathunjini omhlaba.
[21]Uya kundizimasa, undithuthuzele kwakhona.
[22]Ndiya kubeth' ihapu ndikubonge, kuba uthembekile, Thixo wam. Ndobeth' ikatala ndikudumise, wena Ngcwele kaSirayeli.

23 Ao cantarem teus louvores, exultarão de alegria meus lábios e minha alma, que resgataste.

24 Igualmente, todos os dias, minha língua recitará tua justiça, porque se cobriram de vergonha e vexame os que buscavam minha desgraça!

Salmos 72

A excelência, justiça e glória do reino de Salomão prefiguram as do Messias

1 Um salmo para Salomão e os reis davídicos. Ó Deus, concede ao rei a tua justiça, e ao filho do rei os teus juízos.

2 Que ele governe teu povo com retidão, preservando o direito dos humildes!

3 Proporcionem as montanhas e colinas paz ao povo, mediante justiça!

4 Que ele faça resplandecer o direito dos oprimidos, salve os filhos dos pobres e esmague o opressor!

5 A ti eles temam, à luz do sol e sob o luar, de geração em geração!

6 Seja ele como o cair da chuva sobre a relva, ou da garoa que rega suavemente a terra!

7 Em seus dias floresça a justiça e grande paz, até não mais haver lua!

8 Governe ele de mar a mar, desde o rio Eufrates até os confins da terra.

9 Curvem-se diante dele todas as tribos do deserto, e os seus inimigos lambam o pó.

23Ndiya kumemelela ndinemincili, ndicule ngokuzimisela okukhulu ngenxa yokuba undihlangule.

24Ndiya kubalisa ngobulungisa bakho, ndithethe ngabo ndingaphezi, kuba abo babezama ukundenzakalisa bahlazisiwe batsho baphoxeka.

Iindumiso 72

Umthanjiswa kaThixo

Indumiso kaSolomon.

1Mthi jize ngobulumko bokulawula ukumkani, Thixo; mabele ukunyaniseka kwakho umntwan' egazi;

2ukuze abaphathe ngobulungisa abantu bakho, abalawule ngokubazelelela abahlelelekileyo.

3Mazihlaziyeke iinduli neentaba ziqhame; makube yinzolo inkqubela nobulungisa.

4Ngamana yena wawakhusela amahlwempu, abancede abo bahlelelekileyo, abanyhashe abacinezeli.

5Abantu mabambuse bamkhonze xa lisaman' ukuvela ilanga, lo gama isakhanyisa nenyanga, kuye kwizizukulwana ngezizukulwana.

6Makabe njengemvula emasimini, abe njengomvimbi emhlabeni.

7Makande amalungisa ngemihla yakhe; ewe, axhamle inzolo de ingabi sabikho inyanga.

8Ngamana olwakhe ulawulo lwasuka elwandle lwesa elwandle, lusuke emlanjeni iEfrati luse eziphelweni zehlabathi.

9Ngamana baqubuda kuye abasentlango, iintshaba zakhe zity' umhlaba.

[10] Que os reis de Társis e das regiões litorâneas lhe paguem tributos; e os reis de Sabá e de Sebá lhe tragam presentes.
[11] Inclinem-se diante dele todos os reis, e sirvam-no todas as nações da terra!
[12] Porquanto, ele liberta os oprimidos que clamam por socorro, assim como os pobres que não têm quem lhes preste auxílio.
[13] Ele tem compaixão dos enfraquecidos e dos humildes, e os salva da morte!
[14] Ele os resgata da opressão e da violência, pois, aos seus olhos, a vida que lhes corre pelo sangue é por demais preciosa.

[15] Que ele tenha longa vida, e lhe tragam ouro de Sabá; por ele intercedam sem cessar e o bendigam, todos os dias!

[16] Que haja no país trigo em abundância, ondulando-se até o topo dos montes; vicejem os cidadãos como o fruto do Líbano e como a erva do campo!
[17] Que seja eterno seu nome; diante do sol se propague seu nome, e sejam nele abençoadas todas as nações que o bendizem!

[18] Bendito seja o Eterno, Deus de Israel, absolutamente Único em suas maravilhas!

[19] Abençoado e exaltado seja para sempre seu Nome glorioso: que toda a terra seja repleta da sua glória! Amém e Amém!

[20] Terminam aqui as orações de Davi, filho de Jessé.

Salmos 73

[10]Ngamana ookumkani baseTashishe nabeziqithi bakhuph' imirhumo, abaseSheba nabaseSebha bakhuph' isithabathaba.
[11]Bonk' ookumkani mabakhahlele kuye, zonk' izizwe zimbuse.

[12]Uyabahlangula abakhalayo, amahlwempu nabangenabani.

[13]Uyavelana nababuthathaka neentsizana, abasindise abahlelelekileyo.
[14]Ubakhulula kwingcinezelo nakwizibhovubhovu; kuye lixabisekile igazi labo.
[15]Kuye sithi: “Mpilo-nde-ntle!” Mayize kuye igolide yaseShebha; makathandazelwe njalo-njalo, iintsikelelo zihlale zivuza phezu kwakhe.
[16]Ngamana kwayindyebo emhlabeni, neencopho zeentaba ziqhame, kuchume njengaseLebhanon. Mabanyakazele abantu ezixekweni, baxel' ingca emadlelweni.
[17]Igama lakhe malingaze liphele; malibe sisimakade lixel' ilanga. Ngamana bonk' abantu bamdumisa; ewe, mabamnqwenelele iintsikelelo, zonk' izizwe zimthamsanqele.
[18]Ngamana wadunyiswa uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ekukuphela kwakhe owenza imimangaliso enje.
[19]Huntshu-u-u! Masibongwe isidima segama lakhe kude kube nini nanini! Ngamana waphuphuma umhlaba sisihomo nesithozela sakhe! Huntshu-u-u!
([20]Iyaphela apha incwadi yemihobe kaDavide unyana kaJese.)

Iindumiso 73

ICANDELO LESITHATHU
(IiNdumiso 73-89)

A prosperidade dos ímpios faz duvidar da justiça de Deus, mas o fim deles a demonstra

[1] Um salmo da família de Asafe. Com toda a certeza Deus é bom para Israel, ou seja, para todos quantos cultivam um coração sincero!

[2] Quanto a mim, os meus pés quase tropeçaram; por pouco não escorreguei.

[3] Porquanto eu acumulava inveja dos arrogantes, ao ver a prosperidade desses ímpios.

[4] Eles não passam por crises e sofrimentos, e têm o corpo esbelto e saudável.

[5] Estão livres dos fardos cotidianos impostos a todos os mortais, não são atingidos por doenças como a maioria das pessoas.

[6] Por isso, a soberba lhes serve de colar e, em seu orgulho, se vestem de violência.

[7] Do seu íntimo brota a maldade, assim como da sua mente transbordam todos os ardis.

[8] Eles zombam, e suas palavras são repletas de malícia; em sua arrogância exaltam a própria corrupção.

[9] Contra os céus dirigem as palavras de suas bocas, e pela terra fazem espalhar a maldade de suas línguas.

[10] Por isso, seu povo se volta para eles e se delicia sorvendo suas palavras até saciar-se.

[11] Eles questionam: "Acaso poderá Deus saber disso? O Altíssimo se ocupará desses assuntos?"

[12] Assim são os ímpios: sempre seguros, acumulando riquezas.

[13] Pensando dessa forma, em vão conservei puro o coração e lavei as mãos em sinal de inocência?

Ubulungisa bukaThixo

Umhobe ka-Asafu.

[1]Ngenene uThixo umphethe kakuhle uSirayeli; ulungile kwabantliziyo zinyulu.

[2]Kodwa ke mna suka ndathandabuza, ewe, gcwizi ndityibilike,

[3]kuba ndinekhwele ngabaqhayisayo, kukubona inkqubela yabakhohlakeleyo.

[4]Kaloku bona abazani nantlungu; baphile bayimiqaba-qaba.

[5]Abakhathazwa nto njengabanye abantu; abafunyanwa zizibetho njengabanye.

[6]Ngoko ke bagaxel' ikratshi; bathi wambu ugonyamelo.

[7]Badumb' amehlo kukutyeba; iintliziyo ziphuphum' ubuqhophololo.

[8]Bayangcikiva benentlamba; baziphakamisile basongela ngengcinezelo.

[9]Bangcikiva nkqu namazulu; batheth' unothanda emhlabeni.

[10]Ke bona abantu bayabamkela; barhorhozela emva kwabo.

[11]Bathi: "UThixo ngeke aqonde; uPhezukonke ngeke asibhaqe."

[12]Banjalo ke abakhohlakeleyo; abazihluphi nganto, kodwa bayahluma.

[13]Ngani ke ukuba ndiziphathe kakuhle, ndizigcine ndinyulu?

[14] Para que me atormento o dia todo, e sou repreendido, toda manhã?
[15] Caso levasse a efeito me expressar assim, eu teria renegado a linhagem de teus filhos.
[16] Todavia, quando busquei compreender tudo isso, reconheci que estava diante de uma tarefa muito acima das minhas forças;
[17] até que entrei na Casa de Deus, e então compreendi o destino dos ímpios.
[18] Na verdade, tu os colocas em terreno escorregadio e os fazes cair na destruição.
[19] Como são destruídos de repente, absolutamente tomados de terror!
[20] São como um breve sonho que se vai assim que acordamos; quando te levantares, ó Senhor, tu os farás desaparecer.
[21] Quando meu coração estava amargurado e no meu íntimo curtia a inveja,
[22] era eu um insensato e ignorante; minha atitude para contigo era semelhante a de um animal irracional.
[23] Contudo, sempre estou diante de Ti; portanto, tomas a minha mão direita e me susténs.
[24] Tu me diriges de acordo com os teus desígnios, e no fim me acolherás em glória.
[25] A quem tenho nos céus senão a ti? E na terra, nada mais desejo além de estar junto a ti!
[26] Embora minha carne e meu coração definhem, Deus é a rocha do meu coração e minha herança para sempre.
[27] Eis que perecerão os que de ti se afastam, tu exterminas a todos os que te rejeitam.
[28] Eu, porém, tenho por felicidade estar na presença de Deus. Em ti, Eterno Deus,

[14]Kaloku andahlukani nentlupheko; miso le ndiyohlwaywa.
[15]Xa bendithetha kanjalo bendingaba ndingcatsha abantu bakho.
[16]Ndizamile ukuyiphononongа le nyewe, kodwa suka yayinkinge kum.
[17]Ndide ke ndabhenela engcweleni kaThixo, ndacacelwa ke sisiphelo sabo.
[18]Ngenene ubabeka emtyibilizini, bawe batshabalale.
[19]Ngephanyazo baba nesiphelo esilumezayo, beyela bephanziswa kukunkwantya.
[20]Nkosi, banjengephupha ekuphaphameni komntu; ubume balo buyalibaleka akuvuka.
[21]Ngokuya ndandibindekile, ndikhathazekile entliziyweni,
[22]ndandingaqondi, ndisisidenge; ndandiziphethe njengesilwanyana.
[23]Kambe ke ndisoloko ndikuwe; undithe chu ngesandla.
[24]Ewe, wena uyandithundeza; kamva ke wondamkelela ewongeni.
[25]Ndikholosa ngawe usemazulwini; ungowam nje ke, andilinanze nganto ihlabathi.
[26]Umzimba nentliziyo zingade ziphelelwe, wona amandla am nguThixo, ulibango lam naphakade.
[27]Abakutyeshelayo baya kubhanga; uyabatshabalalisa abaqhankqalazi.
[28]Kum ke kuluyolo ukuba kufuphi kuwe, Thixo. Nkosi yam Ndikhoyo, ndikhuselwa

deposito minha plena confiança, para proclamar todas as tuas obras!

Salmos 74

A assolação do santuário. Oração para que Deus se lembre do seu povo aflito

[1] Poema da família de Asafe. Por que, ó Deus, esta rejeição sem fim, esta ardente cólera contra as ovelhas de teus pastos?

[2] Lembra-te da comunidade que adquiriste desde a origem, da tribo que reivindicaste como herança, do monte Sião, onde fizeste tua morada!

[3] Dirige teus passos para essas eternas ruínas! O inimigo tudo devastou no santuário.

[4] Teus adversários rugiram no lugar de tua assembleia, erigiram seus estandartes como insígnias.

[5] Pareciam homens a brandir o machado em mata espessa,

[6] ao despedaçarem todos os entalhos, a golpes de machado e malho.

[7] Atearam fogo ao teu santuário, derrubaram e profanaram a morada do teu Nome.

[8] Disseram em seu coração: "Juntos vamos oprimi-los!" E incendiaram, no país, todos os lugares de encontro com Deus.

[9] Não mais vemos nossas insígnias, já não há profeta e não temos alguém, entre nós, que saiba até quando:

[10] até quando, ó Deus, tripudiará o adversário? Blasfemará o inimigo teu Nome, sem cessar?

[11] Por que retrais tua mão, e reténs tua destra contra o peito?

nguwe, ukuze ndibalise ngemisebenzi yakho.

Iindumiso 74

Ukuthandazela inkululeko yesizwe

Umbongo ka-Asafu.

[1]Awu, Thixo! Ngani ukuba wenjenje ukusilahla? Awusathothi na umsindo wakho kubantu bakho?

[2]Khawulikhumbule ibandla lakho owalifumana mandulo, owalikhululayo ukuze libe lilifa lakho; khumbula ikhaya lakho intaba iZiyon.

[3]Khawuye kuloo mabhodlo; iintshaba zabhuqa konke endlwini yakho.

[4]Zabharhumla phakathi endaweni engcwele, zaza zamisa eyazo indwe.

[5]Ezo zinxosha-nxosha zabhulula konke, ngathi ngabagawuli begec' imithi.

[6]Zona izinto ezenziwe ngomthi bazintlekeza ngooncelemba nezando.

[7]Zayintumek' umlilo indawo engcwele, zayixabhela zayidiliza indlu yakho engcwele.

[8]Zathi: "Masibabhangise kuthi tu." Kulo lonke bazitshisa iindawo zokunqula.

[9]Eyakuthi indwe ayisabonakali; akusekho namshumayeli, kungekho waziyo ukuba koda kube nini na.

[10]Koda kube nini, Thixo, utshaba lungcikiva? Lohlala lukunyelisa njalo-njalo?

[11]Kutheni ukuba ungasincedi? Ngani ukuba usonge izandla?

[12] No entanto, Deus é rei desde sempre, é ele quem realiza vitórias na terra.

[13] Com tua força fendeste o mar, e despedaçaste, sobre as águas, as cabeças dos monstros marinhos.

[14] Esmagaste as cabeças do Leviatã e o serviste de alimento aos habitantes do deserto.

[15] Fizeste jorrar fontes e torrentes, e secar rios impetuosos.

[16] O dia é teu, é tua a noite; criaste a luz e o sol.

[17] Os limites da terra estabeleceste; verão e inverno foram por ti determinados.

[18] Lembra-te, em teu poder, de que o inimigo te ultrajou, ó Eterno, e de que o povo infame contra teu Nome blasfemou.

[19] Não permitas que seja entregue às feras a alma de tua pomba, Israel, nem esqueças para sempre a vida dos teus filhos!

[20] Considera a aliança, pois os esconderijos do país encheram-se de covis da violência.

[21] Não permitas que o oprimido se retire humilhado! Faze que o pobre e o necessitado louvem o teu Nome.

[22] Levanta-te, ó Eterno, e defende a tua causa; lembra-te de como os insensatos zombam de ti dia e noite.

[23] Não ignores o rugido dos opressores, o alvoroço dos que se erguem contra ti, e destrói-os para sempre!

Salmos 75

[12]Kambe ke wena, Thixo, waba ngukumkani kwamandulo. Uyabahlangula abantu ehlabathini liphela.

[13]Ngaloo mandla walahlula-hlula ulwandle, waziqhekez' intloko iingwenya,

[14]wasintlekeza intloko isilo solwandle, sakukutya kwelo libharhileyo.

[15]Wena wampompozisa imithombo nemilanjana, waza wayomisa imilambo engatshiyo.

[16]Yadalwa nguwe imini, ngokunjalo nobusuku; ivela kuwe inyanga, ngokunjalo nelanga.

[17]Yamiswa nguwe imida yehlabathi; ngokukwanjalo ihlobo nobusika.

[18]Awu, Ndikhoyo, khumbula ukuba iintshaba ziyakusinekela; izibhoja ziyalingcikiva igama lakho.

[19]Ungabayekeli ezintshabeni abantu bakho; khumbula ngokubandezeleka kwabantu bakho.

[20]Khawucinge ngomnqophiso wakho, kuba eli lizwe liphethwe zizibhoja zona zigoxa kwamnyama-ndawo.

[21]Sukubayekela abacinezelweyo; nawo amahlwempu neentsizana makakudumise.

[22]Khawuvuke uhlanganise, Thixo; izibhoja zisoloko zikungcikiva.

[23]Sukuyilibala intsholo yotshaba lwakho, umlembelele wengxolo yabakuchasayo.

Iindumiso 75

O profeta louva a Deus e promete fazer observar a justiça

[1] Ao mestre do coro, de acordo com a melodia Não Destruas. Um salmo e cântico da família de Asafe. Nós te exaltamos, ó Eterno; graças a ti rendemos, e sentimos a proximidade de tua presença; todos proclamam os teus feitos maravilhosos.

[2] Pois disseste: "Quando Eu escolher o tempo apropriado, farei justiça com retidão.

[3] Trema, entretanto, toda a terra com seus habitantes. Eu lhe firmei as colunas.

[4] Aos arrogantes ordenei: Não sejais insolentes! E aos ímpios repreendo: Não levanteis a vossa fronte.

[5] Não ergais com soberba a vossa voz contra os céus; não faleis com insolência contra a Rocha".

[6] Não é do Oriente nem do Ocidente, tampouco é do deserto, ao sul, ou das montanhas ao norte que vem a vitória.

[7] É Deus quem julga: a um rebaixa, a outro eleva!

[8] O SENHOR tem na mão uma taça, cujo vinho espuma, cheio de mistura; dele dá a beber: sorvem-no até a última gota, bebem-no todos os ímpios da terra.

[9] Quanto a mim, para sempre proclamarei esses feitos; cantarei louvores ao Deus de Jacó.

[10] O orgulho dos perversos abaterei, porém exaltada será a honra dos justos.

Salmos 76

A majestade e o poder de Deus

UThixo umgwebi

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; liculo; liculwa ngathi leliya lithi: "Uze ungatshabalalisi."

[1]Ngxatsho ke, siyakubulela, Thixo! Siyalibabaza igama lakho ngenxa yemisebenzi yakho emangalisayo.

[2]"Ngexesha endilimisileyo ndiya kugweba ndingakhethi buso.

[3]Lakuhexa ihlabathi nabemi balo iintsika zalo zomelezwa ndim.

[4]Kwabazingcayo ndithi: 'Kahleni ngamabhongo.' Kwizikhohlakali ndithi: 'Sanukuqholosa.'

[5]Yahlukanani nokuzigqatsa; kuyekeni ukubhobhoza."

[6]Unyuselo aluveli empuma nasentshona, lungaveli nasentlango.

[7]Kaloku nguThixo ogwebayo: uyamthoba lo, amnyuse lowa.

[8] UNdikhoyo uphethe indebe ngesandla, iphuphuma ingqumbo ebilayo; ubarhabulisa kuyo abagwenxa, boyisela bafince nentlenge.

[9]Kodwa ndohlala ndimncoma njalo-njalo; ndiya kumemelela ndibonga uThixo kaYakobi.

[10]Abagwenxa ndiya kubaphul' iimpondo; ndiluphakamis' uphondo lwamalungisa.

Iindumiso 76

UThixo umrhwaqelisi wezikumkani

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; liculo; likhatshwa ngezeengcingo.

[1] Ao mestre de música. Com instrumentos de cordas. Um salmo e cântico da família de Asafe. Deus é conhecido em Judá, seu Nome é grande em Israel.

[2] Sua tenda está em Salém; em Sião, sua morada.

[3] Ali quebrou as flechas do arco, o escudo, a espada e o aparato bélico.

[4] Tu és deslumbrante, mais magnífico do que montanhas de despojos.

[5] Foram espoliados os de coração indomável, tomados pelo sono, e nenhum dos valentes pôde valer-se das próprias mãos.

[6] Ante tua ameaça, ó Deus de Jacó, carros e cavalos ficaram imobilizados.

[7] Tu infundes temor: quem pode manter-se diante de ti durante a tua ira?

[8] Do céu enunciaste a sentença: a terra fica paralisada de medo,

[9] quando tu, ó Deus, te levantas para julgar, para salvar todos os humildes da terra.

[10] Até a ira dos homens redundará em teu louvor, e com os resquícios de furor tu te cinges.

[11] Fazei votos ao SENHOR, vosso Deus, e cumpri-os! Tragam-lhe presentes todas as nações, e depositai-os em torno dele, que inspira temor!

[12] Ele deixa sem alento os príncipes, aos reis da terra faz tremer de medo.

Salmos 77

[1]UThixo uyaziwa kwaJuda; igama lakhe lidumile kwaSirayeli.

[2]IseJerusalem indlu yakhe; ikhaya lakhe liseZiyon.

[3]Wazikroboza iintolo namakhakha, amakrele nezikrweqe zemfazwe.

[4]Kambe wena uyamangalisa ngokuqaqamba, ubalasele kuneentaba eziyokoyoko.

[5]Amagorha uwahluthe amaxhoba; amajoni alala undolala, akabi nako ukuzisebenzisa izikrweqe.

[6]Uthi nje wakukhalima, Thixo kaYakobi, amahashe nabawakhweleyo babe zizigede.

[7]Awu, uyamangalisa kambe! Ngubani onokujongana nawe wakuvutha umsindo wakho?

[8]Wena wagweba usemazulwini, ihlabathi latsho lakhwankqiswa.

[9]Ngokuya wena wawisa isigwebo sokusindisa abacinezelwa behlabathi.

[10]Ngenene ngomsindo wakho uyadunyiswa; abasindileyo kuwo bayayaleka.

[11]Zifezekiseni izithembiso zenu kuNdikhoyo uThixo; abamngqongileyo mabezise izithabathaba barhume kulowo ufanele ukoyikwa,

[12]kulowo unqamla umoya wamatshawe, ewe, kumrhwaqelisi wezikumkani zehlabathi.

Iindumiso 77

O estado íntimo do salmista: ele anima a sua alma pela consideração das grandes obras e da misericórdia de Deus

[1] Ao regente do coro, ao estilo de Jedutum. Um salmo e cântico da família de Asafe. Elevo a Deus minha voz, e clamo; elevo a Deus minha voz, para que me ouça.

[2] No dia da minha angústia, procuro o Senhor; de noite, não me canso de erguer a mão. Minha alma recusa ser consolada.

[3] Lembro-me de Deus e gemo; medito, e meu espírito desfalece.

[4] Manténs abertas minhas pálpebras; tão perturbado estou, que nem posso falar.

[5] Relembro os dias passados, os anos de outrora.

[6] De noite, recordo minha cantiga; medito-a no meu coração. O espírito indaga:

[7] "Acaso o Senhor nos rejeitará para sempre, e já não voltará a ser-nos favorável?

[8] Acaso de todo se esgotou sua fidelidade, terminou sua promessa para as gerações?

[9] Acaso Deus se esqueceu de ter compaixão, ou a cólera lhe enrijeceu as entranhas?"

[10] Então pensei: "Apelarei para o que há muito realizou a mão direita do Altíssimo".

[11] Recordo-me dos feitos do SENHOR, lembrado estou dos teus milagres de outrora;

[12] penso em todas as tuas obras, e medito em teus prodígios.

[13] Teu Caminho, ó Deus, é Santo: grande como Deus, outro deus não existe!

Intuthuzelo yamaxesha eenzima

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu kuJedutun.

[1]Ndiyakhwaza, ndibhekisa kuThixo; ndikhala kuye, ukuba andiphulaphule.

[2]Ngomhla wenkathazo ndibhenela eNkosini; ebusuku ndiyazingisa, ndiziphakamisela kuyo izandla, umoya wam ungavumi ukuthuthuzeleka.

[3]Ndakucinga ngoThixo, ndiba nesingqala; ndakucamngca, uyatyhafa umoya wam.

[4]Andisabazi nobuthongo; ndixakwe nakukuthetha ziinkathazo.

[5]Hay' imihla yamfamlibe; ndikhumbul' iminyaka yamandulo.

[6]Ebusuku ndidliwa ngumva-ndedwa; ndiyacamngca ndiyicikida intliziyo yam, ndisithi:

[7]"Ngaba yondilahla kuphele iNkosi, ingaze ibuye indamkele?

[8]Ngaba lutshitshile na uthando lwayo? Sibhangile na isithembiso sayo?

[9]Selekulibele na uThixo ukubuya ngetarhu? Ngaba umsindo wakhe uluvalile uvelwano?"

[10]Ndide ndithi: "Nantsi eyona indixhelayo: kukunqamka kwamandla kaPhezukonke.

[11]Ndikhumbula izenzo zakho, Ndikhoyo; ewe, ndicinga ngemimangaliso yamandulo.

[12]Ndicamngca ngemisebenzi yakho; ndetyisa izenzo zakho ezikhwankqisayo."

[13]Hayi ke beth' ubunyulu bukaThixo! Thixo wuphi ofana noThixo wethu?

[14] Tu és o Deus que fazes milagres, mostraste teu poder entre os povos.

[15] Com teu braço resgataste teu povo, os filhos de Jacó e de José.

[16] As águas te avistaram, ó Deus, as águas te tremeram e contemplaram; até as profundezas estremeceram.

[17] As nuvens desfizeram-se em água, houve trovões nos céus; também tuas flechas coruscavam em todas as direções.

[18] Ao reboar do teu trovão na tempestade, os raios iluminando o mundo; estremeceu a terra e abalou-se.

[19] A tua vereda atravessou o mar, e o teu Caminho, pelas águas poderosas.

[20] Guiaste o teu povo como a um rebanho pela mão de Moisés e de Arão.

Salmos 78

A salvação que Deus concedeu a Israel. A rebelião contra ele. Deus escolheu Judá e Davi para pastorear Israel

[1] Um poema da família de Asafe. Escuta meu ensino, ó povo meu, presta atenção às palavras da minha boca!

[2] Em parábolas abrirei a minha boca, proferirei enigmas do passado.

[3] O que ouvimos e aprendemos, o que os pais nos contaram,

[4] não o ocultaremos aos filhos; transmitiremos à geração vindoura as gloriosas realizações do SENHOR,seu poder e as maravilhas dos seus feitos.

[14]Wena unguThixo owenza imimangaliso; amandla akho abonakele phakathi kwabantu;

[15]Wabakhulula ngamandla akho abantu; ewe, nditsho oonyana bakaYakobi nabakaJosefu.

[16]Uthi wakuvela wena, Thixo, arhwaqel' amanzi, nenzongonzongo yolwandle ingcangcazele.

[17]Amafu wona atsho avuz' amanzi, isibhakabhaka sona sagragrama, imibane yona yaphithizela.

[18]Izithonga zeendudumo zazihamba nezaqhwithi, imibane yalikhanyisa lonke ihlabathi, umhlaba wangcangcazela wanyikima.

[19]Wena wadabul' ulwandle, wacand' amanzi anzongonzongo. Ke wona umkhondo wakho awufumaneki.

[20]Wabakhokela njengomhlambi abantu bakho ngesandla sikaMosis noAron.

Iindumiso 78

UThixo nabantu bakhe

Umbongo ka-Asafu.

[1]Khaniyibekel' iindlebe, mawethu, imfundiso yam; khanindiph' iindlebe ndithethe.

[2]Ndiza kuthetha nani ngemizekeliso; ndiza kuphokoz' iintsonkotha zamandulo.

[3]Ndixel' izinto esazivayo nesizaziyo, izintw' esazixelelwa ngoobawo.

[4]Asinako ukubafihlela abantwana babo, koko sozibhengeza kwizizukulwana ezizayo: imisebenzi emihle kaNdikhoyo namandla akhe, ewe, nditsho nemimangaliso ayenzileyo.

[5] Ele estabeleceu uma lei em Jacó, determinou um código de conduta em Israel. Ordenou a nossos pais que o ministrassem a nossos filhos,

[6] para que a geração seguinte o aprendesse; e os filhos que haviam de nascer, quando maduros, o transmitissem igualmente a seus filhos,

[7] para que depositassem em Deus sua confiança e não se esquecessem dos feitos de Deus, mas guardassem seus mandamentos,

[8] a fim de não se tornarem como seus pais, geração indócil e rebelde, geração de coração inconstante, de espírito infiel a Deus.

[9] Se os filhos de Efraim, arqueiros armados, retrocederam no dia do combate,

[10] é porque, não guardando a aliança de Deus, recusaram seguir a sua Lei.

[11] Esqueceram-se dos seus atos e dos prodígios que lhes mostrara.

[12] Ele realizou maravilhas diante dos seus antepassados, na terra do Egito, na região de Zoã.

[13] Dividiu o mar para que pudessem passar; fez a água erguer-se como um muro.

[14] Durante o dia guiava-os por meio de uma nuvem e, a noite toda, por um clarão de fogo.

[15] Fendeu as rochas no deserto e deu-lhes água em abundância, como a que flui das profundezas;

[16] do rochedo fez jorrar torrentes, fez correr a água como rios.

[5]Wamisela umthetho kwaYakobi, wanikela imimiselo kwaSirayeli; wabanqonqozisa ngayo oobawo, ukuze bafundise abantwana babo,

[6]khon' ukuze ziyazi izizukulwana ezizayo, ewe, nditsho nabangekalibon' ilanga. Bona ke bayigqithisele kubantwana babo,

[7]ukwenzela ukuba bakholose ngoThixo, bangaze bayilibale imisebenzi yakhe, koko bayithobele imimiselo yakhe;

[8]ewe, bona bangafuzi ooyise, isizukulwana esineenkani nesigwilikayo, abantu abantliziyo zibhetyebhetye, abangazange banyaniseka kuThixo.

[9]AmaEfrayim axhoba ngeentolo, engàxhob' ef' amacala, kodwa aswantsula ngomhla wedabi.

[10]Akawuthobelanga umnqophiso kaThixo, asuka ala ukuhamba ngokomthetho.

[11]Suke ayilibala imisebenzi yakhe, imiqondiso awayewabonise yona.

[12]UThixo wenza imimangaliso phambi kooyise, eJiputa kumathafa aseZowan.

[13]Walahlula-hlula ulwandle, bawela, amanzi aba yinduli ngapha nangapha.

[14]Wabakhokela ngelifu emini, ebusuku wabakhokela ngomlilo.

[15]Waqhekeza amawa entlango, basela amanzi ampompozayo.

[16]Wavelisa imithombo elulwalweni, amanzi aqukuqela ngathi yimilambo.

[17] Eles, porém, continuaram a pecar contra Ele, rebelando-se contra o Altíssimo na estepe.
[18] Em seu coração tentaram a Deus, exigindo alimento mais apetitoso ao seu paladar.
[19] Exclamaram contra o Senhor, questionando: "Será Deus capaz de servir-nos à mesa no deserto?
[20] É verdade, Ele bateu na rocha, e eis que brotou água e jorraram torrentes; mas poderá também fornecer pão e prover de carne seu povo?"
[21] Portanto, ao ouvir tais queixas do povo, enfureceu-se e com fogo atacou a Jacó, e sua ira se levantou contra Israel,
[22] pois eles não creram em Deus nem confiaram no seu poder salvador.
[23] Deu ordem às nuvens do alto e abriu as comportas do céu:
[24] fez chover maná sobre o povo para que se alimentassem, deu-lhes trigo do céu!
[25] Cada pessoa se alimentou do pão dos anjos; enviou-lhes comida à vontade.
[26] Mandou do céu o vento oriental, e por meio do seu poder fez avançar o vento sul.
[27] Então, fez chover carne sobre eles como grãos de areia, bandos de aves como a areia da praia.
[28] Levou-as a cair dentro do acampamento, ao redor de suas tendas.
[29] Comeram até se fartarem, e assim Ele satisfez o desejo do coração deles.
[30] Contudo, antes de saciarem o apetite, quando ainda mastigavam a comida que lhes restava na boca,

[17]Kodwa baphindelela ukona, bavukelana naye uPhezukonke entlango.

[18]Bamvavanya ngabom uThixo ngokubiza ukutya ababekubawela.

[19]Baphoxisa ngoThixo bathi: "Angakuthatha phi na ukutya apha entlango?
[20]Ewe, waliqhekeza iliwa, antyunty' amanzi, kwaza kwagqobhoza imilambo. Ewe, makasinik' isonka kaloku, abaph' inyama abantu bakhe."
[21]Akuyiva le nto uNdikhoyo wacaphuka, waza wamlenya ngomlilo uYakobi. Ewe, wanoburhalarhume kuSirayeli,
[22]kuba bengakholosanga ngoThixo, bengathembanga ukuba angabasindisa.
[23]Kambe ke wayalela isibhakabhaka, zaza zavuleka iingcango zezulu,
[24]yaza imana yawa njengemvula, wabanika batya ukutya kwaphezulu.
[25]Ewe, abantu batye ukutya kwezithunywa zezulu, baza batya bada bahlutha.
[26]Wathumela umoya wasempuma wabhudla, ngamandla akhe wavusa umoya wasezantsi.
[27]Wabathobela inyama, kwangathi sisivungu-vungu; inyambalala yeentaka ezingangentlabathi yolwandle
[28]waziwisa apho babemise khona, ewe, zajikeleza iintente zabo.
[29]Abantu batya bada bahlutha; kaloku wabanika loo nto babeyifuna.

[30]Kanti ke bathe bengekadikwa, besaxakekile besatya njalo,

[31] desencadeou-se a ira de Deus contra aquele povo, semeando a morte entre os mais valentes, abatendo os jovens de Israel.
[32] Apesar disso, continuaram pecando; não creram nos seus milagres.
[33] Por isso, Ele encerrou os dias deles como um sopro, e os anos deles em repentino pavor.
[34] Sempre que Deus os castigava com morte, eles o buscavam; com fervor se voltavam de novo para Ele.
[35] Recordavam que Deus era a sua Rocha, que era o seu Redentor, o Deus Altíssimo.
[36] Com a boca tentavam enganá-lo, mentiam-lhe com a língua;
[37] de coração inconstante para com Ele, não eram fiéis à sua aliança.
[38] Entretanto, porque era misericordioso, perdoava a culpa deles, a fim de que não fosse necessário que os destruísse; muitas vezes, reprimiu sua cólera santa e não acendeu todo o seu furor,
[39] recordando-se de que eram seres frágeis e meros mortais, brisas passageiras que não retornam.
[40] Quantas vezes se mostraram rebeldes contra Ele no deserto, e o entristeceram na terra solitária!
[41] Quantas vezes puseram Deus à prova; irritaram profundamente o Santo de Israel.
[42] Não se lembravam da sua mão poderosa, do dia em que os redimiu do opressor,

[31]suka wavutha umsindo kuThixo, wababulala abona bomeleleyo, wabageqa abafana bakwaSirayeli.
[32]Nakuba kunjalo baphikelela ukona, bangenelwa kukudelela, àbakholwa.
[33]Waza ke wababhangisa okomphunga, imihla yabo yaphela lishwangusha.
[34]Akubohlwaya babuyela kuye, baguquka bazinikela kuThixo.
[35]Bakhumbula ukuba nguThixo inqaba yabo, bangáhlangulwa nguThixo uPhezukonke.
[36]Kodwa kuloo nto yonke bamqhatha; bâthi: “Lala, gusha, ndikuchebe.”
[37]Zabe iintliziyo zona zikude lee kuye, bengakhange bawunanze umnqophiso wakhe.
[38]Kambe ke yena uThixo waba nenceba, wabaxolela iziphoso zabo, wazibamba akabatshabalalisa; ewe, wayewubamba futhi umsindo wakhe, wayithomalalisa ingqumbo yakhe.
[39]Wakhumbula ukuba bangabantu, into edlula njengomoya iphele.
[40]Kwaba kaninzi bemvukela entlango; ewe, babemtsho abe neenzingo kwelingamiwayo.
[41]Baphinda-phinda ukumvavanya, bamcaphukisa oyiNgcwele kaSirayeli.
[42]Bamlibala àbamkhumbula ngamandla akhe, bawulibala umhla wokuhlangulwa kwabo elutshabeni.

[43] do dia em que revelou as suas maravilhas no Egito, os seus milagres na região de Zoã,

[44] quando transformou os rios e os riachos dos egípcios em sangue, e eles não mais conseguiram beber das suas próprias águas;

[45] e mandou enxames de moscas que os molestaram, e rãs que os devastaram;

[46] quando entregou suas plantações às larvas; a produção da terra, aos gafanhotos,

[47] e destruiu as suas vinhas com a saraiva, e as suas figueiras bravas, com a geada;

[48] quando entregou o gado deles ao granizo, os seus rebanhos aos raios;

[49] quando os atingiu com sua ira ardente, com furor, indignação e hostilidade, com muitos anjos destruidores.

[50] Abriu caminho para sua ira, não poupou da morte suas almas, mas entregou suas vidas à peste.

[51] Feriu todos os primogênitos do Egito, as primícias da virilidade, nas tendas de Cam.

[52] Fez partir seu povo como um rebanho e os conduziu como ovelhas pelo deserto.

[53] Guiou-os com segurança, sem temores, enquanto o mar cobria os inimigos.

[54] Fê-los entrar em seu domínio sagrado, até a montanha que sua destra conquistara.

[55] Diante deles expulsou nações e, por sorteio, repartindo o patrimônio, instalou em suas tendas as tribos de Israel.

[43]Abayikhumbulanga imiqondiso yakhe yaseJiputa, nemimangaliso yakhe kumathafa aseZowan,

[44]apho wawajika khona amanzi aba ligazi, kwayinqaba kumaJiputa ukusela emithonjeni.

[45]Wabathumela ngamabubu eempukane, zabangcungcuthekisa, ngokunjalo namasele abazisela imbubho.

[46]Izilimo zabo wazithumela ngesihlava, isivuno sabhuqwa ziinkumbi.

[47]Idiliya yabo wayivuthulula ngesiphango, ke wona amakhiwane wawarhawula ngeqabaka.

[48]Iinkomo zabo wazintlitha ngesichotho, imihlambi yabo yalenywa yimibane.

[49]Wasuka ke wavutha umsindo wakhe, wayivulela ingqumbo yakhe ecaphukile, wababandezela ngolunya, umkhosi wezithunywa wabatshabalalisa.

[50]Zange abe sazibamba, wawuvulela umsindo wakhe, akabasindisa ekufeni; ewe, wasuka wabathumela ngobhubhani.

[51]Wawathi qwaka onke amazibulo amaJiputa, wabageqa abaligugu neqhayiya lakwaHam.

[52]Kanti ke wabakhokela njengeegusha abantu bakhe, entlango wabalusa ngathi ngumhlambi.

[53]Wabalondoloza batsho baphelelwa ngamaxhala, kambe ke ulwandle lwaziginya iintshaba zabo.

[54]Wabakhokela wabasa kwelilelakhe ilizwe, entabeni awayizuza ngamandla akhe.

[55]Bakufika wazidudula izizwe zabhaca, abantu bakhe wabacandela umhlaba wazo, amaSirayeli athi zava ezikhundleni zazo.

[56] Eles, no entanto, puseram Deus à prova e foram rebeldes contra o Altíssimo; não obedeceram às suas prescrições.
[57] Desertaram e, como seus pais, o atraiçoaram, envergando-se como um arco frouxo.
[58] Com seus altares idólatras, eles o irritaram tremendamente; com seus ídolos lhe provocaram ciúmes.
[59] Deus ouviu e se indignou e, com veemência, repudiou Israel.
[60] Abandonou o tabernáculo de Siló, a tenda onde fazia morada entre os homens.
[61] Entregou o símbolo do seu poder ao cativeiro, e seu esplendor, nas mãos do opressor.
[62] Abandonou à espada seu povo, irritado contra a herança.
[63] Um fogo devorou os jovens, e as donzelas não tiveram canto nupcial.
[64] Os sacerdotes tombaram sob a espada, e não os prantearam as viúvas.
[65] Então, como de sonolência, despertou o Senhor, como um guerreiro aturdido pelo vinho,
[66] e golpeou os inimigos pelas costas, infligindo-lhes infâmia eterna.
[67] Descartou a tenda de José, preteriu a tribo de Efraim.
[68] Escolheu a tribo de Judá, o monte Sião, que Ele amava.
[69] Construiu seu santuário como no alto céu, como a terra, que consolidou para sempre.
[70] Escolheu Davi, seu servo, tirando-o dos apriscos do rebanho;

[56]Kanti ke bamlinga bamvukela uThixo uPhezukonke; ewe, abazange bawuthobele umthetho wakhe.
[57]Bamvukela, bahamba ngobutshijolo booyise; basuka àbanyaniseka, àbathembeka okwesaphetha esityokololo.
[58]Bamcaphukisa ngokukodwa ngokunqula izithixo, bamkhweletisa ngemifanekiso ababeyinqula.
[59]Akuyibona le nto uThixo waqumba kangangokuba wasuka wamhlamba uSirayeli.
[60]Ewe, wafuduka emzini wakhe eShilo, wayishiya indlu awayehlala kuyo phakathi kwabantu.
[61]Wabayekela yathinjwa ityesi yomnqophiso, iqhayiya labo lemka notshaba.
[62]Abantu bakhe baba zizisulu zekrele, ilifa lakhe waliqwenga ngengqumbo.
[63]Abafana batshayelwa ngumlilo, zatsho iintombi zaphoswa ngumtshato.
[64]Ababingeleli bageqwa likrele, kodwa abahlolokazi babo àbalila.
[65]INkosi yathi khwaphuphu njengobelele, njengegorha elishushiswa yiwayini.
[66]Wazikhaba iintshaba zakhe, zatsho zaxabheleka umlibe.
[67]Wayilahla indlu kaJosefu, wayibukula indlu kaEfrayim.
[68]Kodwa wayichonga indlu kaJuda, intaba iZiyon ayithandayo.
[69]Wayakha yafana nezulu indlu yakhe; ikhaya lakhe sisimakade, linjengomhlaba.
[70]Wasinyula isicaka sakhe uDavide, wasiphuthuma ekwaluseni.

71 do cuidado das ovelhas, seu povo, Israel, sua herança.

72 E ele os pastoreava com coração irrepreensível e, com a perícia de suas mãos os conduzia.

Salmos 79

A assolação de Jerusalém. Oração por socorro

1 Um salmo da família de Asafe. Ó Deus, as nações invadiram tua herdade, profanaram teu santo templo, reduziram Jerusalém a ruínas.

2 Lançaram os cadáveres de teus servos como pasto às aves sarcófagas, a carne dos teus fiéis, aos animais selvagens.

3 Derramaram, como água, seu sangue em torno de Jerusalém, e ninguém os sepultava.

4 Tornamo-nos o escárnio dos vizinhos, objetos de riso e menosprezo para todos que vivem ao nosso redor.

5 Até quando, SENHOR? Estarás sempre irado, ardendo com fogo teu zelo?

6 Derrama teu furor sobre as nações pagãs, sobre todos os reinos que não te adoram, que não invocam teu Nome,

7 porquanto devoraram Jacó e assolaram sua morada!

8 Não evoques contra nós as culpas dos nossos pais! Venha logo ao nosso encontro tua compaixão, pois estamos profundamente deprimidos.

9 Ajuda-nos, ó Deus, Salvador nosso, pela glória do teu Nome! Livra-nos e perdoa nossos pecados, por causa do teu Nome!

71Wamkhupha ekwaluseni amatakane, wamenza umalusi wabantu bakhe, wangumalusi kaSirayeli ilifa lakhe.

72Wabalusa ngokuzimisela nangenyameko; ewe, wabakhokela ngobuchule.

Iindumiso 79

Isicelo sokuhlangulwa kwesizwe

Umhobe ka-Asafu.

1Iintshaba ziwuhlasele umhlaba wakho, Thixo; ziyixabhele indlu yakho engcwele, iJerusalem itsho yalinxuwa.

2Imizimba yezicaka zakho kukutya kweentaka, izidumbu zazo zityiwa ziinyamakazi.

3Igazi lazo laphalala njengamanzi, laba ngumgxobhozo ojikelez' iJerusalem, kungekho bani wokuzifihla.

4Sesiyintlekisa kubamelwane; bayakrwecana bephoxisa ngathi.

5Koda kube nini, Ndikhoyo? Uya kusoloko ucaphukile? Lohlala livutha ikhwele lakho?

6Wugalele ezintlangeni umsindo wakho, kwabo bangakukhathalelanga wena, kwizikumkani ezingakunquliyo.

7Kuba bamqwengile uYakobi, babhuqe bavuthulula konke.

8Ungasixhibi ngenxa yezono zoobawo; nceda velana nathi kuba siphelelwe.

9Khawuncede usisindise, Thixo wethu, ngenxa yesidima segama lakho. Sihlangule usixolele amatyala ethu ngenxa yegama lakho.

[10] Por que hão de dizer as nações: “Onde está o seu Deus?” Diante de nossos olhos, mostra aos pagãos a tua vingança pelo sangue dos teus servos!

[11] Chegue à tua presença o lamento dos prisioneiros; com teu braço poderoso preserva os sentenciados à morte.

[12] Devolve a nossos vizinhos, sete vezes mais, a afronta com que te insultaram, Senhor!

[13] Então nós, o teu povo, as ovelhas das tuas pastagens; de geração em geração, para sempre te adoraremos e cantaremos os teus louvores.

[10]Ngani ukuba iintlanga zide zithi: “Uphi lo Thixo wabo?” Liphindezele igazi lezicaka zakho; masikubone uzohlwaya iintlanga.

[11]Yive incwina yâbo bathinjiweyo; ngaloo mandla akho basindise abo bagwetyelwe ukufa.

[12]Babuyisele kasixhenxe abamelwane ngenxa yezenyeliso abakuthuka ngazo, Mhlekazi.

[13]Ke thina bantu baziigusha ozalusayo siya kukubulela njalo-njalo; ewe, soze sipheze ukukuncoma!

Salmos 80

O salmista suplica a Deus que livre a sua vinha dos que a destroem

[1] Ao regente do coro: segundo a melodia “Os lírios da Aliança”. Um salmo da família de Asafe. Escuta, ó Pastor de Israel, que guias José como um rebanho! Tu, que estás entronizado sobre os querubins, manifesta a tua glória,

[2] diante de Efraim, Benjamim e Manassés! Desperta teu poder e vem salvar-nos!

[3] Restaura-nos, ó Deus: faze brilhar tua bondosa face, para que sejamos salvos.

[4] Eterno, Deus dos Exércitos, até quando em tua ira santa ignorarás as preces do teu povo?

[5] Deste-lhe a comer o pão das lágrimas, a beber um pranto triplicado.

[6] Fizeste-nos objeto de contenda dos vizinhos, e de nós zombam os inimigos.

Iindumiso 80

Ukuthandazela ukuvelelwa kwesizwe

Kumbhexeshi-kwayara; uculwa njengalowa uthi: “Iinyibiba ziyangqina.” Umhobe ka-Asafu.

[1]Khawubek' iindlebe, malusi kaSirayeli! Wena makhokel' uJosefu njengomhlambi, wena osesihlalweni ngakwizithunywa ezimaphiko,

[2]khanya kwaEfrayim nakwaBhenjamin nakwaManase; ngaloo mandla akho yiza usisindise.

[3]Awu, Thixo, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!

[4] Ndikhoyo Thixo onamandla onke, koda kube nini ungayamkeli imithandazo yabantu bakho?

[5]Wena usondle ngeentsizi, wasiseza iinyembezi.

[6]Usitsho abamelwane baxhwithana ngathi; ngoku iintshaba zihlekisa ngathi.

[7] Restaura-nos, ó Deus dos Exércitos, faze resplandecer sobre nós o teu rosto, para que sejamos salvos.
[8] A videira que retiraste do Egito, tu a replantaste, expulsando nações.
[9] Limpaste o terreno, e ela lançou suas raízes enchendo a terra toda.
[10] Sua sombra cobriu as montanhas, e seus ramos, os cedros altíssimos.
[11] Suas ramagens se estenderam até o Mar, e seus brotos, até o Rio.
[12] Por qual motivo derrubaste suas cercas, permitindo que todos os que passam tomem suas uvas?
[13] O javali da selva a devasta, pastam nela os animais do campo.
[14] Volta-te, ó Deus Todo-Poderoso, olha do céu e vê! Vem visitar esta videira
[15] da raiz que a tua mão direita plantou, o filho que para ti fortaleceste!
[16] Ei-la incendiada, cortada. Pereçam eles, sob a ameaça do teu rosto!
[17] Pousa a tua mão sobre aquele homem que está à tua direita: o filho do homem que para ti mesmo fizeste crescer.
[18] Não nos afastaremos de Ti: Tu nos conservarás a vida, e invocaremos o teu Nome.
[19] Restaura-nos, ó Deus, SENHOR Todo-Poderoso: faze brilhar tua face sobre nós, e então seremos salvos!

Salmos 81

Deus repreende a Israel pela sua ingratidão e rebelião

[7]Awu, Thixo Somandla, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!
[8]Wena weza nomdiliya eJiputa, wazigxotha iintlanga, watyala wona.
[9]Walima wawulungiselela umhlaba, wamila waxanda emhlabeni wonke.
[10]Ithunzi lawo lafikelela ezintabeni, lawagquma amasebe emisedare.
[11]Amasebe awo afikelela elwandle, iingcambu zafikelela e-Efrati.
[12]Uludilizeleni ke uthango lwawo, abadlulayo sebegqwathula iziqhamo nje?
[13]Ngoku sewunqunqudwa nayingulube; iinyamakazi zizifikisela kuwo.
[14]Khawusivelele, Thixo onamandla onke; khawuphos' amehlo uzibonele, uwuhlangule umdiliya.
[15]Nditsho isebe owalityalayo, ewe, elo latyalwa zizandla zakho.
[16]Bawugecile baza bawutshisa; batshabalalise ngomsindo wakho.
[17]Kodwa ke basindise abantu bakho abayinqobo, abo uzomelezele bona.
[18]Thina ke soze sabuya mva; sihlaziye saye sohlala sikudumisa.
[19]Awu, Thixo Somandla, yiba nebuyambo; velana nathi usisindise!

Iindumiso 81

Ingoma yetheko

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe ka-Asafu; uvunywa njengalowa wamaGati.

[1] Ao regente do coro: segundo a melodia "Os lagares". Um salmo da família de Asafe. Cantai de júbilo a Deus, nossa força; celebrai o Deus de Jacó.

[2] Salmodiai e fazei soar os pandeiros, tocai a lira e a harpa melodiosa.

[3] Fazei ressoar a trompa, na lua nova, na lua cheia, no dia de nossa festa!

[4] Porque é uma lei para Israel, um preceito do Deus de Jacó,

[5] uma regra que Ele impôs a José, quando saiu contra a terra do Egito. Ali ouvimos uma língua que não compreendíamos.

[6] Ele declara: "Tirei o fardo dos teus ombros, e tuas mãos ficaram livres dos cestos de cargas.

[7] Quando clamaste na aflição, Eu te libertei; Eu te respondi, oculto no trovão; provei-te junto às águas de Meribá.

[8] Escuta, povo meu! Quero admoestar-te. Tomara que tu, Israel, me escutes!

[9] Não haja no meio de ti deus estranho, não adorarás qualquer entidade diferente de mim!

[10] Eu Sou o Eterno, teu Deus, que te fez subir da terra do Egito; abre bem a tua boca, e Eu te satisfarei!

[11] Contudo, meu povo preferiu não me dar ouvidos; Israel não quis obedecer-me.

[12] Por isso os entreguei a seu próprio coração teimoso, a fim de que seguissem seus intentos e desejos!

[13] Ah! Se meu povo me escutasse! Se Israel andasse pelos meus caminhos,

[1]Dandulukani ngovuyo, nibonge uThixo osikhuselayo; memelelani nidumise uThixo kaYakobi.

[2]Hlabelani nitsho ngohadi; dlobani ngoncuthu lweehapu neekatala.

[3]Vuthelani ixilongo ukuthwasa kwenyanga, nasekuhlanganeni kwenyanga mhla ngetheko.

[4]Kaloku lowo ngummiselo wakwaSirayeli, lisiko loThixo kaYakobi.

[5]Walenza langummiselo kwaSirayeli, mhla wahlasela elamaJiputa. Ndiva ilizwi endingaliqondiyo, lisithi:

[6]"Ndawothula umthwalo owawusemagxeni enu, zaxibilika iingobozi ezandleni.

[7]Nakhala ngomhla wengxingongo, ndanihlangula; ndaniphendula ndingabonakali ndisezindudumeni; ndanivavanya emthonjeni waseMeribha.

[8]"Ndathi sigqaleni isilumkiso sam, bantu bam; Sirayeli, akwaba ubuya kundiva!

[9]Ze ningamnquli uthixo wesinye isizwe; ongomnye eningamaziyo ze ningamnquli.

[10]Ndim mna Ndikhoyo uThixo wenu owanikhuphayo kwelamaJiputa; khamisani, mna ndiza kunifunza.

[11]"Phi ke! Abantu bam zange baphulaphule; abafunanga nokuva oku ngam.

[12]Ndaza ke ndabayekela kwezo nkani zabo, ukuze benze ngokuthanda kwabo.

[13]Ngamana nandiphulaphula, bantu bam; akwaba ubungandithobela, Sirayeli.

[14] prontamente, Eu mesmo venceria seus inimigos, voltaria a minha mão contra todos os seus adversários;
[15] os que odeiam o SENHOR se renderiam diante dele, e receberiam uma punição perpétua.
[16] Então, Eu sustentaria Israel com o melhor trigo e, com mel retirado da rocha, Eu, pessoalmente, o satisfaria".

Salmos 82

O salmista repreende os juízes por causa da sua injustiça

[1] Para o mestre de música. Salmo e cântico da família de Asafe. Deus, o supremo Juiz, levantou-se na assembleia divina, no meio dos poderosos abre o julgamento:
[2] "Até quando dareis sentenças injustas, favorecendo os ímpios?
[3] Sede juízes para o desvalido e órfão, fazei justiça ao mísero e ao indigente;
[4] libertai o fraco e o pobre, livrai-os das garras dos ímpios!
[5] Eles nada compreendem, nem percebem que vagueiam pelas trevas da ignorância e da insensibilidade; abalam assim as bases que sustentam a própria terra.
[6] Eu declarei: vós, ó juízes, sois como os deuses; todos vós sois filhos do Altíssimo!
[7] No entanto, como seres humanos, morrereis e, como qualquer outro governante, caireis".
[8] Levanta-te, ó Eterno, e julga tua terra, porquanto a ti pertencem todas as nações!

[14]Bendingazigeqayo iintshaba zakho; ewe, bendiya kuzinyhasha iintshaba zakho.

[15]Abamthiyileyo uNdikhoyo bebeya kushwabana, isigwebo sabo sibe ngumlibe.

[16]Bendiya kunondla ngeyona-yona ngqolowa, ndinanelise ngobusi obupholileyo."

Iindumiso 82

UThixo ulawula konke

Umhobe oculwayo ka-Asafu.

[1]UThixo uchophele intlanganiso yoothixo; nguye olawulayo koothixo bonke;

[2]uthi: "Kunini nilawula ngegobe, nibabonelela abakhohlakeleyo!

[3]Khanilungiselele abaxakekileyo neenkedama, nibonelele iintsizana namahlwempu.

[4]Khanikhulule abahlelelekileyo nama-athalala; bahlanguleni abagonyamelwa zizikhohlakali.

[5]"Basemnyameni ombode-mbode; bayafathula njengempumputhela, nangona lona ihlabathi lizama-zama.

[6]Ndithi: Ewe kambe, ningoothixo; nonke ningoonyana bakaPhezukonke.

[7]Kambe ke niya kufa njengamntu wonke, nibhange njengamatshawe."

[8]Awu, Thixo, khawulingenele ngomgwebo ihlabathi; andithi kaloku zonke izizwe zisesandleni sakho!

Salmos 83

As nações congregam-se contra Israel, e o salmista suplica a Deus que o livre

1 Cântico. Salmo da família de Asafe Ó Deus, não emudeças; não fiques como quem não pode falar nem te detenhas, ó SENHOR!
2 Eis que teus inimigos se alvoroçam; vê como empinam a cabeça em sinal de desafio!
3 De maneira astuta armam ciladas contra o teu povo; tramam maldades contra os teus protegidos.
4 Conjeturam: “Vinde, exterminemo-los da face da terra; a fim de que não haja mais qualquer lembrança do nome de Israel!”
5 Eles deliberam de comum acordo, é contra ti que estabelecem conchavos:
6 as tendas de Edom e os ismaelitas, Moabe e os hagarenos,
7 Gebal, Amom e Amaleque, a Filístia, com os habitantes de Tiro.
8 Até a Assíria juntou-se a eles, e emprestou sua força aos descendentes de Ló.
9 Age sobre eles como agiste contra Midiã, como fizeste a Sísera, como trataste a Jabim, no rio Quisom;
10 os quais pereceram em En-Dor e viraram esterco para serem consumidos pela terra.
11 Faze com seus nobres o que fizeste com Orebe e Zeebe, e com todos os seus príncipes, o que fizeste com Zeba e Zalmuna,
12 que aventaram: “Apoderemo-nos das habitações de Deus!”

Iindumiso 83

Umthandazo wokuba amaSirayeli oyise

Umhobe oculwayo ka-Asafu.

1Awu, Thixo, ungathini ukuthi cwaka? Ngani ukuba wonwabe, Thixo?

2Nâzo iintshaba zakho zikuvukela. Nâbo abakuthiyileyo bephithizela.

3Ewe, babenzela amayelenqe abantu bakho; badibene ngabo abo ubakhuselayo.

4Bathi: “Yizani sisibhangise esi sizwe, uSirayeli angabi sakhunjulwa.”

5Kaloku bona bathetha nto-nye, bevana ngawe ngegobe.

6Nditsho amaEdom namaIshmayeli, amaMowabhi kunye namaHagare,

7amaGebhali, ama-Amoni, nama-Amaleki, amaFilistiya nabemi baseTire.

8Angenelele nama-Asiriya, bebonke bancedisana nenzala kaLothe.

9Khawubafumanise esamaMidiyan ngomhla kaSisera noJabhin entlanjeni iKishon,

10abatshabalela e-Endore, banyhashwa batsho bangumgquba.

11Iinjengele zabo zifanise no-Orebhe noZebhe; amatshawe abo wanyhashe njengoZebha noZalmuna.

12Kaloku bona bafuna ukuwohlutha umhlaba wabantu olibango likaThixo.

[13] Meus Deus! Faze-os rodopiar como folhas secas no chão, como palha ao capricho do vento!
[14] Como o fogo que devora a floresta, como a labareda que abrasa os montes,
[15] persegue-os com o teu vendaval, apavora-os com a tua tempestade.
[16] Cobre-lhes de vergonha o rosto até que decidam buscar teu Nome, ó Senhor!
[17] Assim, humilhados e aterrorizados para sempre, pereçam na mais absoluta desgraça.
[18] Saberão, portanto, que só tu, cujo Nome é Eterno, é Único, e que somente tu, ó Altíssimo, és o SENHOR e soberano de toda a terra!

[13]Thixo wam, baphephethe njengothuli, babe njengomququ ophetshethwa ngumoya.

[14]Mabatshayelwe okwehlathi lilenywa ngumlilo, okweentaba zibhuqwa ngumlilo.
[15]Ewe, yiba sisitshu emva kwabo, barhwaqelise ngesaqhwithi.
[16]Mabambatshe bade banyoshoze, ukuze badane bakulangazelele, Ndikhoyo.
[17]Baswantsulise, bahlale bengcungcutheka; ewe, mabafele ehlazweni.

[18]Mabavume ukuba nguwe wedwa onguNdikhoyo, uPhezukonke obhijel' ihlabathi jikelele.

Salmos 84

A felicidade daquele que habita no santuário de Deus

[1] Ao mestre de canto, de acordo com a melodia “Os Lagares”. Um salmo dos coraítas. Como é amável o lugar da tua morada, ó SENHOR dos Exércitos!

[2] Minha alma se consome de ansiedade pelos átrios do SENHOR, meu coração e minha carne vibram de alegria pelo Deus vivo.

[3] Até o pardal encontrou morada, e a andorinha um ninho para si, para abrigar seus filhotes, um lugar próximo ao teu altar, ó Eterno dos Exércitos, meu Rei e meu Deus.

Iindumiso 84

Ukulangazelela indlu kaThixo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakaKora; uvunywa njengalowa wamaGati.

[1]Hay' ubuhle nokuthandeka komzi wakho, Ndikhoyo onamandla onke.

[2]Umphefumlo wam uzele lulangazelelo; ewe, ulangazelela inkundla yakwakho, Ndikhoyo. Ndiyamemelela ndicula ngochulumacho, ndidumisa uThixo ophilayo.
[3]Namasomi azakhela iindlwana zawo khona; kwaneenkonjane zifumana ikhaya khona. Amathole azo ziwagcina esibingelelweni sakho, Ndikhoyo onamandla onke, wena kumkani noThixo wam.

4 Felizes os que habitam em tua Casa, louvando-te sem cessar!

5 Felizes os que em ti encontram sua força, e todos aqueles que são peregrinos de coração!

6 Ao atravessarem o vale de lágrimas de Baca, convertem-no num lugar de fontes, como a boa chuva de outono, que, ainda o cobre de bênçãos.

7 Caminhando com vigor sempre crescente, apresentam-se perante Deus em Sião.

8 SENHOR, Eterno, Deus dos Exércitos, escuta minha oração, presta ouvido, ó Deus de Jacó!

9 Ó Deus, que és o nosso Soberano; trata com misericórdia o teu ungido!

10 Pois um dia em teus átrios vale mais que mil em qualquer outro lugar; estar recostado à porta da Casa do meu Deus é melhor que morar nas tendas mais ricas dos ímpios.

11 Porquanto DEUs, o Eterno, é sol e escudo, o SENHOR concede graça e glória. Ele nenhum bem recusa aos que vivem com integridade.

12 Ó SENHOR Todo-Poderoso, feliz é o ser humano que em ti confia plenamente!

Salmos 85

Fundando-se nos livramentos passados, o povo de Deus pede o livramento das aflições presentes

4Hay' ithamsanqa lâbo bahlala endlwini yakho, abasoloko bentyiloza bememelela bebonga wena.

5Hay' ithamsanqa labantu abaxhotyiswa nguwe, abasoloko belangazelela ukuya eZiyon.

6Bathi xa bedlula kwelibharhileyo kutsho kugqabhuke imithombo, iimvula zokuqala zilitsho lithi thande ngamaqula.

7Baya besomelela ngokomelela, bade bavele phambi koThixo eZiyon.

8Ndikhoyo, Thixo Somandla, wuve umthandazo wam; ndiphulaphule, Thixo kaYakobi.

9Thixo, mbone ukumkani wethu; mvelele umamkele umthanjiswa wakho.

10Imini enye echithelwe kwakho, Thixo, ingaphezulu kwewaka lemihla echithwe ndaweni yimbi. Kubhetele ndibe ngumgcini-mnyango kwaThixo ndaweni yokungqendeva phakathi kwezaphula-mthetho.

11Kaloku uNdikhoyo uThixo ngumkhuseli nelanga lethu; usithi jize ngendili nangobubele. UNdikhoyo akazibandezi izinto ezintle kwabo bamthobela ngokupheleleyo.

12Hay' ithamsanqa lomntu okholosa ngawe, Ndikhoyo onamandla onke!

Iindumiso 85

Ukuthandazela inkqubela yesizwe

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe woonyana bakaKora.

1 Ao regente do coro. Salmo da família de Corá. Favoreceste, SENHOR, a tua terra; trouxeste Jacó de volta do cativeiro!

2 Perdoaste a culpa do teu povo e cobriste todos os seus pecados.

3 Puseste fim à tua indignação, retiraste tua ardente cólera.

4 Restaura-nos, ó Deus, nosso Salvador! Suprime teu rancor contra nós!

5 Estarás para sempre irritado contra nós, prolongando tua ira, de geração em geração?

6 Acaso não nos renovarás a vida, a fim de que o teu povo se rejubile em ti?

7 Revela-nos o teu amor, ó Eterno, e concede-nos a tua salvação!

8 Ouvirei atentamente o que Deus, o SENHOR,tem a nos declarar; Ele promete paz ao seu povo, aos seus devotos, desde que não retornem à insensatez!

9 Em verdade, próxima está a salvação que Ele trará aos que o temem, e sua glória habitará em nossa terra.

10 Então, o amor e a fidelidade se encontrarão; a justiça e a paz se beijarão.

11 A lealdade germinará da terra, e a perfeita justiça descerá dos céus!

12 O SENHOR nos concederá a felicidade, e nossa terra produzirá farta colheita.

13 A justiça seguirá à sua frente com a finalidade de preparar o caminho para seus passos!

Salmos 86

Davi implora ardentemente o socorro de Deus

1 Ewe, Ndikhoyo, ulazelelele eli lizwe; uYakobi umthe jize ngendyebo nenkqubela.

2 Ubaxolele abantu bakho ngobugwenxa babo; ubuye wazilibala izono zabo.

3 Ubuye wayibamba ingqumbo yakho; uphinde wathomalala umsindo wakho.

4 Yiba nebuyambo, Thixo, usisindise, ungabi sakhathazeka sithi.

5 Ngani ukuba ungabi saphela umsindo wakho? Koda kube zizizukulwana ucaphukile na?

6 Nceda ubuye usihlaziye, abantu bakho bagcobe ngawe.

7 Maziphuphumele kuthi izibele zothando lwakho; awu, Ndikhoyo, sithi jize ngenkululeko yakho.

8 Mandiweve amazwi kaNdikhoyo uThixo; kaloku uzisa uxolo kubantu bakhe, kwabo bayimilowo yakhe engajika-jikiyo.

9 Ngenene usindiso lwakhe lukufuphi kwabo bamthobelayo; nobungangamsha bakhe bohlala kweli lizwe.

10 Kodibana uthando nokunyaniseka, ubulungisa noxolo bulale ngengub' enye.

11 Ukunyaniseka kuya kuntshula emhlabeni; ubulungisa bona boqwalasela busesibhakabhakeni.

12 Ewe, uNdikhoyo wosithi jize ngenkqubela, lona ilizwe lethu libe yintombazana.

13 Yena uya kukhokelwa bubulungisa; ewe, buya kumgabulela izigcawu.

Iindumiso 86

Ukuzibika

Umthandazo kaDavide.

[1] Uma prece de Davi. Ó Eterno, inclina para mim os teus ouvidos e dá-me tua resposta, pois sou um desvalido e estou muito aflito.
[2] Conserva-me em vida, pois sou fiel. Tu, meu Deus, salva teu servo, que em ti confia!
[3] Tem piedade de mim, SENHOR, pois a ti clamo, todo o dia.

[4] Alegra o coração do teu servo, porquanto a ti, SENHOR, elevo a minha alma.

[5] Pois tu és bondoso e perdoador, SENHOR,rico em graça e misericórdia para com todos os que te invocam.
[6] Escuta a minha oração, SENHOR; atenta para a minha súplica!
[7] No dia do perigo clamo a ti, porque tu me respondes.
[8] Ninguém, entre os deuses, é como tu, ó SENHOR, e nada existe que se compare às tuas obras.
[9] Todas as nações que fizeste virão prostrar-se diante de ti, SENHOR, e glorificarão teu Nome,
[10] pois tu és magnífico e realizas milagres maravilhosos; em verdade só tu és Deus!

[11] Revela-me, SENHOR, teu Caminho, para que eu o siga em fidelidade para contigo. Orienta meu coração, para que tema teu Nome!

[12] De todo o coração te exaltarei, SENHOR,meu Deus, e glorificarei para sempre o teu Nome,
[13] porquanto teu amor é tão generoso para comigo, que livraste minha alma de todos os poderes da morte.

[1]Khawusabele, Ndikhoyo, undilungiselele; kaloku mna ndiyimpula kalujaca.

[2]Ndikhusele kaloku, kuba ndiyakuthobela; sihlangule isicaka esikholosa ngawe.
[3]UnguThixo wam, ndibabale, Nkosi. Kaloku mna ndihlala ndikhala kuwe.
[4]Ewe, khawusonwabise isicaka sakho. Nkosi, ndiwunyusela kuwe umthandazo wam.
[5]Kuba wena, Nkosi, ulungile, uyaxolela; uphuphuma luthando kwabo bakholosa ngawe.
[6]Ndikhoyo, wuve umthandazo wam; khawundivele, ndiyakubongoza.
[7]Ndakuba sengxakini, ndibhenela kuwe, kuba wena uyavelana nam.
[8]Nkosi, kubo bonke oothixo akakho onjengawe, engekho nonemisebenzi enjengeyakho.

[9]Zonke izizwe owazidalayo ziya kukhahlela kuwe, Nkosi, zibonga zibabaza igama lakho.

[10]Kuba wena uyingangalala, uyamangalisa; ewe, nguwe wedwa uThixo.
[11]Khawundifundise iindlela zakho, Ndikhoyo, khon' ukuze ndinamathele enyanisweni. Ewe, ndifundise ukukuhlonela, Nkosi; ndikunqule ndingankwalambisi.
[12]Ndikubulela ngomxhelo wam wonke, Nkosi; Thixo wam, ndolidumisa njalo igama lakho,

[13]kuba ziyandimangalisa izibele zakho; undihlangule enzonzobileni yengcwaba.

[14] Ó Deus, os arrogantes se levantam contra minha pessoa; um bando de prepotentes atenta contra minha vida, gente que não faz caso de ti.
[15] Entretanto tu, SENHOR, és Deus compassivo e misericordioso, rico em paciência, amor leal e justiça;
[16] volta-te para mim, tem compaixão de mim! Concede tua força a teu servo necessitado e salva o teu filho fiel!
[17] Dá-me um sinal do teu favor, para que todos os que me tratam com ódio o vejam e se sintam humilhados, ao confirmar que tu me acompanhas com teu conforto e auxílio!

[14]Awu, Thixo, zindivukele izibhoja. Ewe, izikrelemnqa ziyandizingela; zona azikukhathalele nganto.
[15]Kambe ke wena, Nkosi, unguThixo onenceba nesisa. Wena ucaphuka kade, uphuphuma uthando nokunyaniseka.
[16]Buya uvelane nam; khawusomeleze isicaka sakho, umhlangule unyana wesicakazana sakho.
[17]Ndinike umqondiso wokundazelelela kwakho, ukuze abandithiyileyo babone badane, kuba wena, Ndikhoyo, undincedile wandithuthuzela.

Salmos 87

Deus tem o maior prazer em Sião

[1] Um salmo dos descendentes de Corá. O SENHOR firmou as bases da sua cidade sobre o monte santo;
[2] Ele ama os portais de Sião mais do que todas as habitações de Jacó.
[3] Ah! Maravilhas são contadas a teu respeito, ó Cidade de Deus!
[4] “Entre os que me reconhecem incluirei o Egito e a Babilônia, além da Filístia, de Tiro, e também da Etiópia, como se tivessem nascido em Sião.”
[5] Na verdade em Sião nasceram multidões que conhecem o Eterno e Ele, pessoalmente,
[6] Assim o SENHOR escreverá no registro dos povos: “Este nasceu ali”.
[7] Músicos e compositores sobre ela afirmarão: “Todos os meus pensamentos e toda a minha inspiração provêm de ti, ó Sião!”

Iindumiso 87

Izibongo zeJerusalem

Iculo elingumhobe woonyana bakaKora.

[1] UNdikhoyo wasithi zinzi isixeko sakhe phezu kwentaba engcwele.
[2]Ewe, yena akaziva ngeZiyon; ingaphezu kwayo yonke imizi yakwaYakobi.
[3]Ewe, kuthethwa kamnandi ngawe, Ziyon, sixeko sikaThixo:
[4]“Phakathi kwabo bandaziyo ndibalula iJiputa neBhabheli; ewe, amaFilistiya, amaTire, namaKushe, xa ewonke aphuma eJerusalem.”
[5]IZiyon kuya kuthiwa ngunozala wezizwe zonke, kuba uPhezukonke uyayixhasa.
[6]Akuzidwelisa zonke izizwe uNdikhoyo, xa zizonke zoba ngabemi baseJerusalem.
[7]Iimvumi nabangqungqayo baya kuthi: “Thina singabomthonyama.”

Salmos 88

O salmista queixa-se das suas grandes desgraças e suplica a Deus que o livre

[1] Um hino dos coraítas para o mestre de música. Em melodia para o coração aflito: para responsório. Salmo didático de Hemã, o ezraíta. Ó Eterno, Deus de minha salvação, dia e noite clamo a ti!

[2] Chegue à tua presença minha oração, presta ouvido ao meu clamor!

[3] Minha alma está saturada de desgraças, minha vida está à beira das profundezas da morte.

[4] Já sou contado entre os que baixam à sepultura, sou como uma pessoa absolutamente alquebrada;

[5] Sinto-me abandonado à minha própria sina, entre os mortos. Sou como os trucidados, que jazem na região dos mortos, dos quais já não te lembras, pois estão apartados de tua mão.

[6] Tu me depositaste nas profundezas do fosso, nos lugares tenebrosos e abismais.

[7] Sobre mim pesa a tua cólera; com todas as tuas grandes ondas do mar me afligiste.

[8] Afastaste de mim os meus conhecidos, fizeste de mim um horror para eles. Enclausurado,

[9] meus olhos anuviam-se de preocupação. Todo dia te invoquei, SENHOR, estendendo para Ti minhas mãos.

[10] Farás, entretanto, um milagre para aqueles que já se despediram da vida?

Iindumiso 88

Ukukhalela uncedo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe oculwayo woonyana bakaKora; umbongo kaHeman umEzra; umva-ndedwa womntu ogulayo.

[1]Emini ndibhenela kuwe, Ndikhoyo, Msindisi wam; nasebusuku ndizibika kuwe, Thixo wam.

[2]Mawuvakale umthandazo wam kuwe; ndive xa ndikhala kuwe, Thixo wam.

[3]Kuba ndiphahlwe ziinkxwaleko; sendimi phezu kwengcwaba.

[4]Ewe, sendibalelwa kubafi; akusekho yam kwaphela.

[5]Sendinikelwe kwabafileyo; sendifana nowoselweyo othe gangalala engcwabeni. Ndinjengâbo ungasabakhumbuliyo, abo bangasenakuncedakala.

[6]Undithe tywa kwelimnyama ingcwaba, ezantsi emathunjini omhlaba.

[7]Ingqumbo yakho indisibekele, amaza alatyuzayo andongamele.

[8]Undihluthe izihlobo zam ezisenyongweni; kungokunje ziyandenyanya. Ndixinekile, futhi andisenakuphuncula;

[9]ndiyayengezelisa ngenxa yembandezelo. Ndikhoyo, ndikhala kuwe yonke imihla; ndiphakamela kuwe ngomthandazo.

[10]Imimangaliso ngaba uyenzela abafileyo na? Boze bavuke bakudumise na?

Porventura os mortos virão a se levantar e te louvar?

11 Será que teu amor é também proclamado no túmulo, e a tua fidelidade no Abismo da Morte?

12 Será teu sinal milagroso conhecido na região das trevas, e tua justiça, na dimensão do esquecimento?

13 Contudo, eu, ó SENHOR, clamo a ti por socorro; já ao romper da alvorada a minha oração chega à tua presença.

14 Por que, SENHOR, me rejeitas e escondes de mim a tua face?

15 Desde muito jovem tenho sofrido e ando próximo da morte; os teus terrores levaram-me ao desespero.

16 Sobre minha existência se abateu a tua ira; os pavores que me causas me consumiram.

17 Cercam-me o dia todo como uma inundação; fazem-me submergir em agonia.

18 Afastaste de mim os meus amigos e todos os meus conhecidos de jornada; as trevas são a minha única companhia.

Salmos 89

Traz-se à memória o pacto de Deus com Davi, a fim de que Deus livre o seu povo dos males presentes

1 Obra poética do ezraíta Etã. Para sempre cantarei sobre o inesgotável amor leal do Eterno; minha boca proclamará a tua fidelidade a todas as gerações!

2 Sim, anuncio a todos que teu amor está edificado para sempre; nos céus estabeleceste tua fidelidade:

11Uthando lwakho luxelwa ngabafileyo na? Ukunyaniseka kwakho kwaziwa kwantshabalala na?

12Ngaba imimangaliso yakho yaziwa enzonzobileni na? Okanye usindiso lwakho lusebenza kwelokulibala na?

13Hayi bo! Ndikhoyo, ndibhenela kuwe; ntsasa zonke ndizibika kuwe.

14Awu, Ndikhoyo, ngani ukuba undilahle? Ngani ukuba undifulathele?

15Ndaxhwaleka ndasemngciphekweni kwandisemtsha; ndiyangcungcutheka, andisento yanto.

16Ingqumbo yakho iyandigubungela; ewe, izithonga zakho zindicim' igama,

17zindirhawula njengamanzi imini yonke, zindigubungela ngeenxa zonke.

18Undihluthe izihlobo nezizalwane zam; ngoku sendihlobene nobumnyama kuphela.

Iindumiso 89

Ingoma yamaxesha enkathazo

Umbongo kaEtan umEzra.

1 Ndikhoyo, ndiya kucula ngezibele zakho njalo-njalo; ukuthembeka kwakho ndokubhengeza kuzo zonke izizukulwana.

2Ndiya kububengeza obakho ububele ukuba soze butshitshe; ukuthembeka kwakho ukuzinzisile emazulwini.

[3] “Fiz aliança com meu eleito, jurando a Davi, meu servo:

[4] Estabelecerei tua descendência para sempre, e firmarei o teu trono, de geração em geração”.

[5] Os céus exaltam tuas maravilhas, SENHOR,e tua fidelidade, na assembleia dos santos.

[6] Quem, nos céus se compara ao SENHOR? Quem é igual ao SENHOR entre os seres celestiais?

[7] No conselho dos santos, Deus é grandemente temido e inspira mais temor do que todos os que o cercam.

[8] Ó DEUs, ETERNO, SENHOR dOs EXÉRCITOs,quem é igual a ti? Poderoso és tu, SENHOR,e tua fidelidade está ao teu redor.

[9] Dominas a insolência do mar bravio; quando suas ondas se sublevam, tu as amansas.

[10] Mataste e aniquilaste o Monstro dos Mares, desbarataste os inimigos com o poder do teu braço forte.

[11] O céu é teu, tua é a terra; fundaste o mundo e tudo o que nele existe.

[12] Tu criaste o Norte e o Sul. Os montes Tabor e Hermom entoam hinos de louvor ao teu Nome.

[13] Tens o braço cheio de poder, a mão forte, a destra sempre erguida.

[14] A justiça e o direito são as bases de teu trono; amor e fidelidade precedem a tua passagem.

[3]Kaloku wena wathi: “Ndenze umnqophiso kunye nomnyulwa wam; ndinqophisene nesicaka sam uDavide, ndathi:

[4]‘Ndiya kuyimisela ngonaphakade inzala yakho; ndoluxhasa ulawulo lwakho lungabi nasiphelo.’ ”

[5]Amazulu ababaza imimangaliso yakho, Ndikhoyo, ukuthembeka kwakho ebandleni lemilowo yakwakho!

[6]Esibhakabhakeni ngubani onokulinganiswa nawe, Ndikhoyo, ingubani kwabasemazulwini ofana nawe?

[7]UnguThixo ohlonelwayo kwibandla labamsulwa; umkhulu uyoyikeka ngaphezu kwabo bonke abakungqongileyo.

[8]Ndikhoyo, Thixo onamandla onke, ngubani oyingangamsha njengawe? Ngeendlela zonke uthembekile!

[9]Iilwandle ezinzongo-nzongo zilawulwa nguwe; wena uyawazolisa amaza agugumayo.

[10]Wena wasinyhasha isilo esikhulu saselwandle; ngaloo mandla akho wazisarhaza iintshaba zakho.

[11]Amazulu ngokunjalo nehlabathi lelakho; ihlabathi nako konke okukulo kwasekwa nguwe.

[12]Umntla nomzantsi wadalwa kwanguwe; iintaba iTabhore neHermon ziyakudumisa.

[13]Ubungangamsha bakho buyakhamnqisa; ubugorha nobukroti bakho buyamangalisa.

[14]Ulawulo lwakho lusekwe ngobulungisa nolungelelwano; wena ukhokelwa bububele nokuthembeka.

[15] Como é feliz o povo que aprendeu a honrar-te, SENHOR, e que se deixa conduzir pela maravilhosa luz de tua presença!

[16] Dia e noite sabem exaltar o teu Nome e se alegram em tua retidão,

[17] pois tu és a nossa glória e o nosso poder, e por tuas misericórdias reergues nossa fronte!

[18] Sim, ó Eterno, Tu és o nosso escudo, o Santo de Israel, Tu és o nosso Rei!

[19] Outrora, em visão, falaste assim aos teus fiéis: "Dei meu apoio a um herói, do meio do povo exaltei um escolhido.

[20] Encontrei Davi, meu servo, ungi-o com meu óleo santo.

[21] A minha mão o susterá, e o meu braço será a sua força.

[22] Nenhum inimigo o humilhará sob pesados tributos; tampouco alguém poderá oprimi-lo.

[23] Esmagarei diante dele os seus adversários e exterminarei todos os seus inimigos.

[24] Minha lealdade e meu amor estarão sempre com ele; e em meu Nome se erguerá sua fronte!

[25] Porei sua mão para dominar os mares e comandar os rios.

[26] Ele me invocará, declarando: 'Tu és meu Pai, meu Deus, a Rocha que me salva'.

[27] Eu também o constituirei meu primogênito, supremo sobre todos os reis da terra!

[15]Basethamsanqeni abantu abakubhengeza ngendumiso; ewe, Ndikhoyo, abo basoloko bekufutshane nawe,

[16]abonwatyiswa nguwe imini yonke, bekudumisa ngenxa yobulungisa bakho.

[17]Wena uyindili yokomelela kwabo; batshatshele kuba baxhaswa nguwe.

[18]LikuNdikhoyo ikhaka lethu; ukumkani wethu uvela koyiNgcwele kaSirayeli.

Isithembiso sikaThixo kuDavide

[19]Kwamandulo wena wathetha ngombono nâbo bathembekileyo, wathi: "Ndiyithe jize ngembasa ingangalala; ulawulo ndilunikele umfana okhethwe ebantwini.

[20]Ndimfumene uDavide isicaka sam; yena ndimthambise ngamafutha angcwele.

[21]Ke ngoko isandla sam soba naye njalo-njalo; ewe, uya komelezwa ndim.

[22]Akasoze onganyelwe lutshaba, nezibhoja soze zimthibaze.

[23]Ndiya kuzinyhasha iintshaba zakhe, ndibatshabalalise abo bamthiyileyo.

[24]Ndohlala ndimthanda, ndilithemba lakhe; ndiya kumenza ahlale eyintshatsheli.

[25]Ulawulo lwakhe luya kuma ngeelwandle, luya kuthi xhaxhe ngemilambo.

[26]Uya kubhenela kum, athi: 'Wena unguTata; unguThixo wam, umqolomba ondihlangulayo.'

[27]Yena uya kuba yinkulu yam, abe yingangalala yookumkani behlabathi.

28 Manterei meu amor leal por ele para sempre, e minha aliança com ele jamais se quebrará.
29 Para sempre estabelecerei sua descendência; e seu trono, como os dias do céu.
30 Se seus filhos abandonarem minha Lei e não mais desejarem seguir meus mandamentos,
31 se violarem minhas ordenanças e desdenharem dos meus santos decretos,
32 virei sobre eles com a vara das aflições e castigarei seu pecado e sua iniquidade, com açoites;
33 contudo, não afastarei dele meu amor benevolente e jamais lhe negarei minha atenção pessoal e fiel.
34 Eu não violarei minha aliança, tampouco modificarei qualquer das promessas dos meus lábios.
35 De uma vez para toda a eternidade jurei por minha santidade, e não faltarei com a minha palavra a Davi:
36 sua descendência viverá para sempre, e seu trono estará diante da minha face e durará como o sol,
37 como a lua, que não cessa de refletir sua iluminação, fiel testemunha nos céus!"
38 Entretanto, Tu o rejeitaste, recusaste-o e te enfureceste com o teu ungido.
39 Renegaste a aliança com teu servo, profanaste sua coroa, atirando-a ao pó da terra.
40 Derrubaste todas as suas muralhas, desmantelaste suas fortalezas.

28Ububele bam kuye buya kuma njalo-njalo; umnqophiso wam naye soze utshitshe.
29Ulawulo soze luphume endlwini yakhe; Ewe, lona lohlala luhleli njengamazulu.
30"Sothi isizukulwana sakhe sakundilahla, ewe, sakuyilahla imiyalelo yam,
31ukuba sithe sayaphula imimiselo yam, asayithobela imithetho yam,
32ndisohlwaye ngoswazi, ndibakatse ngenxa yesono sabo.
33Kambe ke soze ndipheze ukumthanda, ingasoze inxaxhe intembeko yam.
34Soze ndiwutshitshise umnqophiso wam, lingasoze liwe phantsi ilizwi endalithethayo.
35Ewe, kaloku ndafunga ubungcwele bam, ngoko ke soze ndimxokise uDavide.
36Indlu yakhe soze ithini nanini-nanini; ulawulo lwakhe luqiniseke njengelanga.
37Soze luthini, lunjengenyanga yona ilingqina elithembekileyo elisesibhakabhakeni."

Isililo ngokoyiswa kokumkani

38Phi ke, ngoku umlahlile nje, wanengcwangu ngakumthanjiswa wakho?
39Uwutshitshisile umnqophiso wakho nesicaka sakho; uyohluthile naloo mbasa yakhe.
40Uzidilizile iindonga zesixeko sakhe; uzitsho zangamabhodlo iinqaba zakhe.

41 Saquearam-no todos os transeuntes, e ele tornou-se o ludíbrio dos vizinhos.
42 Exaltaste a destra dos seus adversários e alegraste todos os seus inimigos.
43 Tiraste o fio de sua espada e não o apoiaste na guerra.
44 Puseste fim a seu esplendor e derrubaste por terra seu trono.
45 Abreviaste os dias de sua juventude e o cobriste de vergonha.

46 Até quando, SENHOR? Para sempre te ocultarás, ardendo como fogo a tua ira?

47 Lembra-te da duração da minha vida! Criaste em vão todos os seres humanos?

48 Viverá, sem ver a morte, algum valente, que possa esquivar-se das garras da sepultura?
49 Onde estão teus dons de amor que tão maravilhosamente demonstraste outrora, ó Eterno, os quais prometeste a Davi manter por causa da tua fidedignidade?
50 Lembra-te, ó SENHOR, das ofensas que o teu servo tem sofrido, das zombarias que na alma tenho de suportar, desferidas por todos os povos,
51 dos ultrajes dos teus inimigos, ó Eterno, com que afrontam a cada passo o teu ungido.

52 Bendito seja para toda a eternidade o SENHOR! Amém e amém!

Salmos 90

41Ngoku abadlulayo bayazixhwithela; uyintlekisa nakubamelwane bakhe.
42Wena uziphakamisile iintshaba zakhe; iintshaba zakhe ziyamqholosela.
43Ewe, ikrele lakho ulitsho layindunyuva; ngoku usisisulu edabini.
44Uwohluthile umsimbithi oliwonga lakhe, walubhangisa ulawulo lwakhe.
45Uyinqamle imihla yobutsha bakhe; ewe, umthe wambu ngehlazo.

Umthandazo wokusindiswa

46 Ndikhoyo, koda kube nini ufulathele – ngumlibe na? Koda kube nini ivutha njengomlilo ingqumbo yakho?
47Ndikhoyo, khawukhumbule ukuba bufutshane kwabo ubomi bam; khumbula ukungabi nto kwabo ubomi bomntu.
48Nguwuphi umntu oya kuhlala ngonaphakade, ingubani ongaliphephayo ingcwaba?

49Nkosi, zaya ngaphi izibele zakho zamandulo, nditsho ezo wazifungela uDavide?

50Nkosi, khawukubone ukungcikivwa kwesicaka sakho, ndlela le ndijijithekiswa yintlamba yoluntu ngayo.

51Ndikhoyo, iintshaba zihlekisa ngam; ewe, ziphoxisa ngaye umthanjiswa wakho naphi na apho anyathela khona.
52Huntshu-u-u! UNdikhoyo ngowokubongwa naphakade! Makube njalo – ewe; amen!

Iindumiso 90

ICANDELO LESINE

(IiNdumiso 90–106)

Amandla kaThixo nobulwelwe bomntu

A fraqueza do homem e a providência de Deus

[1] Oração de Moisés, homem de Deus. Senhor, tu tens sido o nosso abrigo, sempre, de geração em geração.

[2] Antes que se originassem os montes e formasses o universo e a terra, de eternidade a eternidade, tu és Deus.

[3] Tu reduzes o ser humano ao pó, afirmando: "Retornai ao pó, filhos dos homens!"

[4] Verdadeiramente, mil anos aos teus olhos, são como o dia de ontem, que já passou, e como as poucas horas das primeiras vigílias da noite.

[5] Tu arrastas os homens na correnteza da vida; são breves como o sono; são todos como a relva que brota com a alvorada,

[6] germina e floresce pela manhã, mas, ao pôr-do-sol, murcha e seca.

[7] Porquanto somos consumidos por tua ira e perante tua indignação ficamos pasmos!

[8] Tu conheces bem nossas iniquidades; nossos pecados mais secretos não escapam à luz da tua face.

[9] Sim, todos os nossos dias dissipam-se diante do teu furor, findamos os anos como um suspiro.

[10] De fato, os dias de nossa vida chegam a setenta anos, ou a oitenta para os que têm mais saúde; entretanto, a maior parte dos anos é de labuta e sofrimentos, porquanto a vida passa muito depressa, e nós voamos!

[11] Quem é capaz de conhecer a força da tua ira e de tua cólera, segundo o temor que te é devido?

Umthandazo kaMosis, isicaka sikaThixo.

[1]Usoloko ulikhaya lethu, wena Nkosi, izizukulwana ngezizukulwana.

[2]Zingekadalwa iintaba, ungekalenzi ilizwe nehlabathi, ubusel' ukade unguThixo wena kwanini-nini.

[3]Umbuyisela kwaseluthulini umntu, usithi: "Buyela apho ubuvela khona, mntundini!"

[4]Linjengemini enye iwaka leminyaka kuwe, lona liyafana nemini yezolo, lifutshane okwexesha labalindi ebusuku.

[5]Uphephetheka njengephepha umntu; uphela okobuthongo, abune njengengca,

[6]yona iba luhlaza kusasa, ithi kwakuhlwa ibe selintshwenyile.

[7]Siyaphela kaloku yingqumbo yakho, uyasigqiba umsindo wakho.

[8]Izono zethu zaziwa nguwe, nezifihliweyo zisekuhleni kuwe.

[9]Uyinqumle imihla yethu ngenxa yomsindo, yadlula ngathi kukuqhwanyaza.

[10]Iminyaka yomntu iba ngamashum' asixhenxe, xa ngaba womelele ibe ngamashum' asibhozo; kodwa iza neenkxwaleko neentsizi, imihla yethu ithi tshe iphele.

[11]Ngubani owaziyo umsindo wakho; ingubani oluqondayo unkwantyo oluza nengqumbo yakho?

[12] Sendo assim, ensina-nos, pois, a contar nossos dias, a fim de que possamos alcançar um coração verdadeiramente sábio!

[13] Volta-te para nós, ó Eterno! Até quando haveremos de esperar? Tem compaixão dos teus servos!

[14] Sacia-nos, desde o romper da aurora, com teu amor infinito, e exultaremos de alegria, todos os nossos dias.

[15] Alegra-nos na proporção dos dias em que nos puniste, pelos anos em que passamos sob grande sofrimento.

[16] Que as tuas realizações se manifestem aos teus servos, e a teus filhos, a tua maravilhosa glória!

[17] Que a graça do Senhor, nosso Deus, pouse sobre nós; faze prosperar as obras das nossas mãos; sim, confirma a obra das nossas mãos!

Salmos 91

A segurança daquele que se refugia em Deus

[1] Aquele que vive na habitação do Altíssimo e descansa à sombra do Todo-Poderoso desfrutará sempre da sua proteção.

[2] Sobre o Eterno declara: “Ele é meu refúgio e minha fortaleza, o meu Deus, em quem deposito toda a minha confiança”.

[3] Ele te livrará do laço do inimigo ardiloso e da praga mortal.

[4] Ele te cobre com suas plumas, e debaixo de suas poderosas asas te refugias; sua fidelidade é escudo e armadura.

[5] Não temas o terror que campeia na calada da noite, tampouco a seta que procura seu alvo durante o dia.

[6] Não temas a peste que se move sorrateira nas trevas, nem o demônio que devasta ao meio-dia.

[12]Sifundise ukuyiqingqa imihla yethu, ukuze sizuze ubulumko.

[13]Yiba nebuyambo, Ndikhoyo; koda kube nini usifulathele? Yiba nenceba kuthi zicaka zakho.

[14]Sithululele izibele zakho kwangentseni, size sonwabe, simemelele yonke imihla yobomi bethu.

[15]Sithuthuzele kaloku wakuba usohlwayile; sonwabe kangangoko ubusibandezele.

[16]Bubonakalise ububele bakho kuthi zicaka zakho, ukuze nesizukulwana sethu sisazi isihomo sakho.

[17]Nkosi, Thixo, sithamsanqelise! Siphumelelise kuyo yonke imizamo yethu; ewe, yiphumelelise yonke imizamo yethu.

Iindumiso 91

UThixo umkhuseli wethu

[1]Lowo uhleli ekhuselwe nguPhezukonke, uhlala esemthunzini kaSomandla.

[2]Yena uya kuthi: “ Ndikhoyo, ungumkhuseli wam; uyinqaba yam, wena Thixo, ndiya kuthembela kuwe.”

[3]Kuba nguye okuhlangula emgibeni wabakugcayiseleyo nakubhubhani wesifo,

[4]akwambathise ngamaphiko akhe, akufihle ekhusini lakhe, kube likhaka nekhuselo lakho ukuthembeka kwakhe.

[5]Akuyi koyika zingozi zasebusuku, nakuhlaselwa ngequbuliso emini,

[6]nabhubhani wangobusuku, nasifo sigqugqisayo emini emaqanda.

[7] Ainda que caiam mil ao teu lado e dez mil à tua direita; tu não serás atingido.

[8] Somente teus olhos perceberão e contemplarão a retribuição destinada aos ímpios.

[9] Porquanto afirmaste: “O SENHOR é o meu refúgio” e fizeste do Altíssimo a tua morada,

[10] nenhum mal te alcançará, desgraça alguma chegará à tua tenda.

[11] Porque a seus anjos Ele dará ordens a teu respeito, para que te guardem em todos os teus caminhos;

[12] com as mãos eles te susterão, para que jamais tropeces em alguma pedra.

[13] Poderás pisar sobre o leão e a víbora; pisotearás o leão forte e a serpente mais vil.

[14] “Porquanto ele me ama, Eu o resgatarei; Eu o protegerei, pois este conhece o meu Nome.

[15] Sempre que chamar pelo meu Nome hei de responder-lhe; estarei sempre com ele; nos momentos mais difíceis, quando enfrentar tribulações, Eu o resgatarei e farei que seja devidamente honrado.

[16] Eu o contemplarei com vida longa e lhe revelarei a minha Salvação”, assim disse o Eterno!

Salmos 92

O salmista louva a Deus por amor da sua obra, justiça e graça

[1] Salmo melódico para ser entoado no dia do Shabbath. É muito bom exaltar ao SENHOR, ó Eterno, e entoar salmos em honra ao teu Nome, ó Altíssimo!

[7]Nokuba kungawa iwaka ecaleni kwakho, neshumi lamawaka liwe likungqonge, akusayi kuchukunyiswa nto wena.

[8]Uya kuqwalasela ukubone ngamehlo akho ukohlwaywa kwawo amatshijolo.

[9]Ngenxa yokuba uthembele ngoNdikhoyo, wamenza umkhuseli wakho uPhezukonke,

[10]akuyi kuhlelwa bubi; akuyi kusondela nasibetho emzini wakho.

[11]Kaloku woziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe wokuba zikugcine endleleni yakho,

[12]zikufunqule hleze ukhubeke elityeni.

[13]Wonyathela phezu kweengonyama neenyoka, unyhashe amathol' eengonyama noogqoloma.

[14]Ngenxa yokuba endithanda, ndomhlangula; ndimphakamise, kuba elazi igama lam.

[15]Akuzibika kum, ndiya kumva; ndiya kuba naye ezimbandezelweni, ndimhlangule, ndimbek' ezimbekweni,

[16]ndimvuze ngobomi obude, ndimbonise ukuba ndiyasindisa.

Iindumiso 92

Ingoma yombulelo

Umbongo waNgomhla woPhumlo.

[1]Yinto entle ukumbulela uNdikhoyo; yinto entle ukubonga igama loPhezukonke.

2 Proclamar desde o amanhecer o teu amor leal e durante a noite a tua fidelidade,

3 ao som da lira de dez cordas e da cítara, bem como da melodia com harpa.

4 Porquanto tu me alegras a alma, com os teus feitos; as obras das tuas mãos motivam-me a cantar jubiloso.

5 Quão maravilhosas são as tuas obras, ó Eterno, e insondáveis os teus desígnios!

6 O insensato fica sem entender nada, e o néscio não percebe o menor sentido.

7 Se os ímpios brotam como mato bravo, e florescem todos os malfeitores, é para serem exterminados para sempre!

8 Mas tu, ó SENHOR, eternamente és excelso.

9 Eis que teus inimigos, ó Eterno; sim, os teus adversários serão aniquilados; todos que praticam a malignidade serão dispersos!

10 Tu reergueste, como chifre de búfalo, a minha fronte; derramaste, sobre mim, óleo balsâmico e revigorante.

11 Os meus olhos contemplam a derrota dos meus inimigos; os meus ouvidos escutaram a debandada dos malfeitores que tramavam contra a minha vida.

12 Os justos florescerão como a palmeira, crescerão altaneiros como o cedro do Líbano;

13 plantados na Casa do SENHOR, florescerão nos átrios do nosso Deus.

14 Mesmo na velhice, cheios de seiva e viço produzirão muitos frutos,

2 Kulungil' ukubalisa ngezibele zakhe kusasa, nangokunyaniseka kwakhe ngokuhlwa,

3 kuvakala uncuthu lwengoma yeentambula, nehapu itsho ngesongo sengom' emyoli.

4 Kub' undivuyisile, Ndikhoyo, ngezinto ondenzele zona; ndokubonga ndinemincili ngenxa yemisebenzi yakho.

5 Hay' ukubaluleka kwemisebenzi yakho, Ndikhoyo! Hay' ukuba nzulu kweengcamango zakho!

6 Isidenge asinakuyazi loo nto, nesiyatha asinako ukukuqiqa:

7 le yokuba amatshijolo aya kubhangiswa, nokuba selede amila njengokhula, nokuba selede aphumelela.

8 Kaloku wena, Ndikhoyo, unguPhezukonke; wena unguye nanini-nanini.

9 Iintshaba zakho, Ndikhoyo, zotshabalala kuphele, kananjalo abhangiswe onke amatshijolo.

10 Undomeleze ndanga ndiyinyathi; undithe jize ngombhiyozo nolonwabo.

11 Ndikubone ngala wam amehlo ukuwa kweentshaba zam; ndiyive ngezi zam iindlebe intshabalalo yâbo bandizungulayo.

12 Amalungisa achuma njengesundu, akhula njengemisedare yaseLibhanon.

13 Amilile emzini kaNdikhoyo; ayakhula endlwini kaThixo.

14 Avelisa iziqhamo naxa selaluphele, aqhelezele omelele.

[15] para proclamar que o SENHOR é justo. Ele é a minha Rocha; nele não há injustiça!

[15]Kutheth' ukuthi ke uNdikhoyo ulilungisa, yena ngumkhuseli wam, akukho khwiniba kuye.

Salmos 93

O poder e a majestade do reino de Deus

[1] Reina o Eterno, vestido de soberana majestade; sim, toda a força e poder o revestem! O Universo está seguro e não se abalará.

[2] Desde a antiguidade, o teu trono está firme: tu existes desde a eternidade!

[3] Levantam os rios, ó SENHOR, levantam a voz de suas águas fragorosas; levantam os rios o seu bramido.

[4] Entretanto, o SENHOR nas alturas é mais poderoso do que a força das grandes águas, do que os poderosos vagalhões do mar.

[5] Os teus mandamentos permanecem inalterados, e a tua fidelidade dura para sempre; a santidade é o ornamento eterno da tua Casa.

Iindumiso 93

UThixo ukumkani

[1] UNdikhoyo ungukumkani; uthe wambu isihomo nesithozela namandla. Ewe, ulimise zinzi ihlabathi, aligungqi.

[2]Isihlalo sakho, Ndikhoyo, sasekwa kwantlandlolo; wena wawukho kwanini-nini.

[3]Iyagquma imilambo, Ndikhoyo, ivakalisa isandi sayo; iyavakala imigqumo yayo.

[4]UNdikhoyo yingangalala yaphezulu; unamandla kunamaza alephuzayo, nangaphezu kwamaza agqumayo.

[5]Imiqondiso yakho ayiguquki, Ndikhoyo; iyingcwele ngenene indlu yakho, Ndikhoyo, kuya kuda kube nini-nini.

Salmos 94

Apelo à justiça de Deus contra os malfeitores

[1] Ó Eterno, SENHOR da vindicação, Deus vingador, manifesta-te!

[2] Levanta-te, Juiz da terra, paga aos soberbos o que merecem!

[3] Até quando, Ó Eterno? Até quando os ímpios triunfarão?

[4] Proferem palavras de afronta, todos esses malfeitores cheios de arrogância e empáfia

[5] esmagam teu povo, SENHOR, e oprimem tua herança;

[6] matam a viúva e o migrante, e trucidam os órfãos.

Iindumiso 94

UThixo umgwebi woluntu

[1] Ndikhoyo, Thixo ongumgwebi, wena Thixo ophindezelayo, zibonakalise.

[2]Lamla, wena mgwebi woluntu; babuyekeze kwangezitya zabo abantw' abazingcayo!

[3]Koda kube nini na, Ndikhoyo, koda kube nini kakade esivuyelela amatshijolo?

[4]Koda kube nini eqhayisa; koda kube nini ezidla ngokungcola kwawo?

[5]Ayababulala abantu bakho, Ndikhoyo; ayawucinezela umzi wakho amatshijolo.

[6]abandezele abahlolokazi neenkedama, abulale nabantu basemzini.

[7] E comentam: “Deus nada vê, não se atém aos detalhes da terra, o Deus de Jacó”.
[8] Atendei vós, os mais néscios do povo! Insensatos, quando compreendereis?
[9] É possível que quem criou o ouvido não possa ouvir? Será que quem formou os olhos nada veja?
[10] Aquele que disciplina as nações os deixará sem a devida retribuição punitiva? Não tem conhecimento Aquele que concede ao ser humano o saber?
[11] O SENHOR conhece muito bem todos os pensamentos humanos, e sabe o quanto são fúteis!
[12] Bem-aventurada a pessoa a quem disciplinas, ó Eterno, aquele a quem ensinas a tua Lei;
[13] calmamente atravessará os dias maus, enquanto que, para os ímpios, uma fossa se abrirá!
[14] O SENHOR jamais desamparará seu povo; nunca abandonará sua herança.
[15] Voltará a haver justiça nos veredictos, e todos os retos de coração a seguirão.
[16] Quem se levantará a meu favor contra os ímpios? Quem permanecerá ao meu lado combatendo os malfeitores?
[17] Não fosse o socorro do SENHOR, eu já estaria habitando na região do silêncio.
[18] Quando declarei: “Os meus pés vacilaram”, teu amor leal, SENHOR, me amparou!
[19] Quando a angústia já controlava todo o meu ser, teu consolo trouxe tranquilidade à minha alma.

[7]Ade athi: “Akaboni nto uNdikhoyo; akaqondi konke uThixo kaYakobi.”
[8]Lumkani, bantundini bazizidenge! Noda niqiqe nini, zityhifilindini?
[9]Nithini? Nithi uThixo owadala iindlebe akeva? Nithi lo wenza amehlo enu akaboni?
[10]Lo ulawula zonk' iintlanga nithi akanakuzohlwaya? Lo ufundise abantu nithi akazi nto?
[11]Ulogocagoca iingcinga zabantu, uyazi ukuba zibubuvuvu nje bodwa.
[12]Unoyolo lowo uyalwa nguwe, Ndikhoyo; nditsho ofundiswa nguwe umyalelo wakho.
[13]Umnika inzolo ngemihla yobubi, lo gama amatshijolo ombelwa umhadi.
[14]Kaloku akayi kubafulathela abantu bakhe uNdikhoyo; akasoze ayilahle indlu yakhe.
[15]Kobakho ubulungisa ezinkundleni, abulandele onke amalungisa.
[16]Azi, ngubani owondilwela kumatshijolo? Yoba ngubani na ongakum?
[17]Ukuba bendingancedwanga nguNdikhoyo, ngesele ndikwantsonga-nyawana.
[18]Xa ndandisendisithi ndiyoyisakala, wandixhasa ngezibele zakho wena, Ndikhoyo.
[19]Xa ndandinxubile, ndixhalabile, wandithuthuzela, wandonwabisa wena.

[20] Será, um governo corrupto, capaz de fazer aliança contigo? Um trono que pratica injustiças em nome da lei?
[21] Eles, contudo, tramam contra a vida do justo e condenam os inocentes à morte!
[22] Entretanto, o SENHOR é meu baluarte e meu Deus, a torre inexpugnável em que me refugio.
[23] O Eterno fará recair sobre os ímpios a própria iniquidade deles e serão consumidos por seus pecados; o Senhor, o nosso Deus, os destruirá!

Salmos 95

O salmista convida a louvar e celebrar ao Senhor

[1] Vinde, cantemos com júbilo ao SENHOR, aclamemos a Rocha da nossa Salvação!
[2] Apresentemo-nos diante dele com ações de graças, vamos adorá-lo com cânticos de louvor.
[3] Pois o SENHOR é o grande Deus, o magnífico Rei acima de todos os deuses!
[4] Em suas mãos estão as profundezas da terra; são seus, os cumes dos montes.
[5] Dele é o mar – foi Ele quem o criou – e a terra firme, que suas mãos formaram.
[6] Vinde! Adoremos prostrados e nos ajoelhemos perante o SENHOR, o nosso Criador.
[7] Porque Ele é o nosso Deus, nós somos o povo do seu pastoreio e ovelhas conduzidas por sua mão. Tomara que escuteis hoje a sua voz:
[8] “Não endureçais o vosso coração, como em Meribá, e ainda como aquele dia em Massá, no deserto,

[20]Akunabudlelana nabalawuli abakhohlakeleyo, bona bayenza umthetho intswela-bulungisa.
[21]Bayalihlanganyela ilungisa bona, bamgwebele ukufa umnt' engenatyala.
[22]Kodwa ngumkhuseli wam yena uThixo; yinqaba endizimela ngayo.
[23]UNdikhoyo wobohlwaya ngenxa yenkohlakalo yabo, batshabalalele kobo bugwenxa babo; wobabhangisa kuphele tu uThixo.

Iindumiso 95

Ingoma yokubonga

[1]Yizani sombelele uNdikhoyo, simculele sigcobile umkhuseli nomsindisi wethu!
[2]Masiye kuye sinombulelo, simombelele iingoma zokubonga.
[3]Kaloku uNdikhoyo nguThixo onamandla, ngukumkani omkhulu kwizithixo zonke.
[4]Lisesandleni sakhe ihlabathi liphela; iinzulu neencopho zilawulwa nguye.
[5]Ulawula ulwandle kuba walwenza; nomhlaba wawudala ngezandla zakhe.
[6]Yizani siqubude simnqule, siguqe phambi koNdikhoyo umdali wethu,
[7]kuba yena nguThixo wethu. Thina singumhlambi awalusayo, iigusha ezondliwa nguye. Namhla liveni ilizwi lakhe elithi:
[8]“Musan' ukuba neenkani, njengookhokho benu eMeribha, njengemihla yaseMasa entlango,

[9] quando vossos pais me desafiaram e me puseram à prova, embora tivessem visto meus grandes feitos!
[10] Durante quarenta anos permaneci irado contra aquela geração e declarei: 'Este é um povo de coração ingrato, que não reconhece meus caminhos'.
[11] Por esse motivo jurei em minha revolta: 'Essas pessoas jamais entrarão no lugar do meu repouso!'"

[9]apho bandilingayo, naxa babezibona izinto endandibenzela zona.

[10]Iminyaka emashumi mane bandikruqula, ndada ndathi: 'Hay' ukungeva kwabo; abayithobeli imiyalelo yam.'

[11]Ngoko ke ndafunga ngomsindo, ndathi: 'Abasoze bangene ekuphumleni kwam.' "

Salmos 96

Convite a toda a terra para louvar e temer ao Senhor

[1] Erguei ao Eterno um cântico novo! Cantai ao SENHOR a terra inteira!

[2] Cantai ao SENHOR, bendizei seu Nome; dia após dia, anunciai a sua salvação!

[3] Proclamai sua glória entre as nações, entre todos os povos as suas realizações maravilhosas!
[4] Pois o SENHOR é magnífico, digno de todo o louvor; Ele inspira mais temor que todos os deuses juntos!
[5] Todos os deuses dos pagãos não passam de objetos feitos ídolos, mas o SENHORcriou os céus.
[6] Majestade e magnificência estão diante dele, poder e dignidade no seu santuário.

[7] Famílias de povos, tributai ao SENHOR,rendei ao SENHOR glória e poder,

[8] Dedicai ao SENHOR a glória do seu Nome! Trazei sua devida oferta, entrai em seus átrios,

Iindumiso 96

IKumkani yeekumkani

(1 Gan 16:23-33)

[1]Mombeleleni ingoma entsha uNdikhoyo! Mombelel' uNdikhoyo, hlabathi lonke!
[2]Mombelelen' uNdikhoyo, nibonge igama lakhe; zivakaliseni mihla le iindaba zakhe zosindiso.
[3]Zibaliseleni ngesihomo nesithozela sakhe iintlanga; zixeleleni ngemimangaliso ayenzileyo zonke izizwe.
[4]Kaloku yingangalala uNdikhoyo, ufanelwe yimbeko enkulu; ufanelwe kukoyikwa ngaphezu kwezithixo zonke,

[5]kuba yimifanekiso nje izithixo zeentlanga, kodwa yena uNdikhoyo wadal' oomazulu.

[6]Yena unobungangamsha nesithozela; kukho isihomo nendili apho akhoyo.
[7]Mbongeni uNdikhoyo, nina bemi bomhlaba; mbongeni kuba unewonga namagunya.
[8]Mnikeni imbeko efanele igama lakhe; sondezani amadini, ningene endlwini yakhe.

[9] prostrai-vos diante do SENHOR no esplendor da sua santidade! Tremei diante dele, terra inteira!

[10] Anunciai entre as nações: “O SENHOR é rei. Sim, o mundo está firme e não será abalado;

[11] Alegrem-se os céus e exulte a terra, estronde o mar e tudo o que ele contém!

[12] Esteja em festa a campina, e tudo quanto nela existe! Regozijem-se todas as árvores da floresta,

[13] cantem diante do SENHOR, porque Ele vem. Sim, Ele vem julgar a terra; Ele governará

Salmos 97

A majestade do reino de Deus. O castigo dos ímpios. Exortação à piedade e ao regozijo

[1] O SENHOR reina! Exulte a terra toda, e alegrem-se até as pequenas ilhas mais distantes!

[2] Nuvens inescrutáveis e espessas o circundam, retidão e justiça são o alicerce do seu trono.

[3] Diante dele alastra-se o fogo, devorando ao redor seus adversários.

[4] Os relâmpagos clarearam o mundo, a terra viu-o e estremeceu.

[5] Como cera derreteram-se os montes, diante do Eterno, perante o SENHOR de toda a terra!

[9]Mnquleni uNdikhoyo, yena unesihomo nesithozela; malingcangcazele lonk' ihlabathi phambi kwakhe.

[10]Zixeleleni iintlanga ukuba uNdikhoyo nguKumkani; nguye olizinzisayo ihlabathi, aliyi kugungqa; nguye oya kubagweba ngobulungisa bonke abantu.

[11]Gcobani, mazulu, lichwayite ihlabathi; gquma, wena lwandle, nako konke okwakho;

[12]makayeyezele amadlelo nezinto ezikuwo; mayombele imithi emahlathini;

[13]kuba uyeza uNdikhoyo; uza kuligweba ihlabathi, alilawule ngobulungisa, azigwebe ngokomthetho izizwe.

Iindumiso 97

UThixo ulawula konke

[1]Ngukumkani uNdikhoyo, uyalawula; malichwayite ke ngoko ihlabathi, nani ziqithi vuyani!

[2]Ugqubuthele ngentshinyela yelifu, nesithokothoko sobumnyama simsithile; ngukumkani ogweba kakuhle, ngobulungisa.

[3]Kulephuz' umlilo ngaphambi kwakhe, uzitshise macal' onke iintshaba zakhe.

[4]Imibane yakhe imenyezela kutsho kukhany' ehlabathini; batsho bangcangcazele kukoyika bakuyibon' abemi balo.

[5]Zitsho zinyibilik' iintaba phambi koNdikhoyo, zixel' umthwebeba; nditheth' ingangalala yehlabathi liphela.

[6] Os céus proclamam a sua justiça e todos os povos vêem a sua glória.

[7] Sejam decepcionados todos os adoradores de objetos, que se vangloriam de seus ídolos! Prostrai-vos diante do SENHOR,todos os poderosos!

[8] Sião ouve e se rejubila, exultam as filhas de Judá por causa dos teus julgamentos, SENHOR.

[9] Pois tu, ó Eterno, o Altíssimo sobre todo o universo, de todos os deuses és o mais excelso.

[10] Vós, que amais o SENHOR, odiai o mal! Ele protege as almas de seus fiéis, livrando-os da mão dos ímpios.

[11] A luz amanhece para o justo e, para os corações retos, o júbilo.

[12] Alegrai-vos, justos, no SENHOR, e exaltai, lembrando sua santidade!

Salmos 98

Convida-se a louvar ao Senhor por amor de sua salvação

[1] Cantai ao SENHOR um cântico novo, pois Ele tem realizado maravilhas; sua mão direita e seu santo braço forte lhe deram a vitória!

[2] O SENHOR manifestou a sua Salvação; aos olhos das nações revelou sua justiça.

[3] Recordou-se do seu amor e da sua fidelidade pela casa de Israel. Todos os confins da terra contemplaram a Salvação do nosso Deus.

[6]Sibonakalis' ubulungisa bakhe isibhakabhaka, ze zonk' iintlanga ziluqond' udumo lwakhe.

[7]Bahlala bedana bonk' abanqula imifanekiso; nditshw' abo baqhayisa ngemifanekiso eqingqiweyo; kuba zonk' izithixo zikhahlela kuNdikhoyo.

[8]Beva, bavuya abantu baseZiyon, nezixeko zakwaJuda zachwayita, ngenxa yezigqibo zakho, Thixo.

[9]Kuba wena, Ndikhoyo, uyingangalal' ehlabathini; uyingqonyela yazo zonke izithixo.

[10]Nina bamthandayo uNdikhoyo, buthiyeni ububi; kaloku yena uyabagcina abantu bakhe, abahlangule esandleni sabantw' abakhohlakeleyo.

[11]Ilitha lokukhanya lithe thaa phezu kwamalungisa; banemincili abantw' abantliziyo zinyulu.

[12]Gcobani nonke malungisa, nibulel' uNdikhoyo ngezintw' ezintl' anenzele zona.

Iindumiso 98

UThixo ingqonyela yehlabathi

Umhobe.

[1]Mombelelen' ingoma entsha uNdikhoyo, kuba unenzele izinto ezintle. Kaloku woyisile ngamandla akhe nangegunya lakhe.

[2]UNdikhoyo ulutyhilile usindiso lwakhe, wabuveza ezintlangeni ubulungisa bakhe.

[3]Wasigcina isithembiso sakhe kumaSirayeli. Uthe ngcembe ngezibele nangentembeko; lwabonwa ngumntu wonk' ehlabathini uloyiso lukaThixo wethu.

[4] Aclamai o SENHOR, terra inteira! Louvem-no com cânticos de júbilo e ao som de música!

[5] Oferecei música ao SENHOR por meio da harpa, com a cítara e a voz do canto!

[6] Com trombetas e ao som da trompa exultai na presença do SENHOR, que é o Rei!

[7] Ruja o mar e tudo o que ele contém, o mundo e todos os seus habitantes!

[8] Com palmas se manifestam os rios, e o cantar dos montes ressoa em uníssono,

[9] para aclamar o Eterno que vem julgar toda a terra. Sim, Ele julgará o Universo com justiça e os povos com equidade!

Salmos 99

A grandeza do reino de Deus

[1] O SENHOR reina! As nações tremem! O seu trono está sobre os querubins! Estremeça toda a terra!

[2] O Eterno é magnífico em Sião, excelso sobre todos os povos.

[3] Celebrem eles o teu Nome, que é grande e inspira reverente adoração, pois é Santo!

[4] É Rei poderoso, que ama a justiça: Tu estabeleceste a retidão; o direito e a equidade em Jacó, tu pessoalmente os instruíste!

[5] Exaltai o SENHOR, o nosso Deus, prostrai-vos diante do estrado dos seus pés. Ele é Santo!

[6] Moisés e Arão estavam entre os seus sacerdotes; Samuel, entre os que invocavam

[4]Mombeleleni ngemihlali uNdikhoyo, nonke hlabathi! Dandulukani, nimemelele, nivum' imibongo!

[5]Mbongeni uNdikhoyo ngesandi sengoma yehapu; mbethelen' uncuthu lwengoma ngehapu.

[6]Bethan' amaxilongo, kukhal' isigodlo, nenz' intshol' emnandi phambi koNdikhoyo ukumkani.

[7]Gquma, wena lwandle, nako konk' okukuwe; nawe hlabathi, hlabel' ingoma!

[8]Bethan' izandla, milambo; nani zinduli, mombelelen' uNdikhoyo!

[9]Kuba uza kuligweb' ihlabathi, alawule konke ngobulungisa, engenamkhethe.

Iindumiso 99

UThixo yingangalala

[1] UNdikhoyo ngukumkani, uyalawula; mazimnike imbeko izizwe! Ungqendeve esihlalweni engqongwe zizithunywa ezimaphiko; malingcangcazele ihlabathi!

[2]UNdikhoyo yingangalala eZiyon; ngumlawuli wazo zonk' iintlanga.

[3]Malidunyiswe ngumntu wonk' igama lakhe elindilekileyo! Kaloku yena nguyedwa okhethekileyo.

[4]Wena kumkani, ngangalala, mthandi wokulungileyo; nguwe owezisa ubulungisa kwaYakobi, wawis' izigwebo kakuhle ungenamkhethe.

[5]Mbongeni uNdikhoyo uThixo wethu; zikhahleleni ngasezinyaweni zakhe. Kaloku yena unobungangamsha.

[6]UMosis noAron yayingababingeleli bakhe; uSamweli yayingomnye wababemnqula; bonke bazibika kuNdikhoyo, wabeva.

seu Nome; eles clamavam pelo SENHOR,e Ele lhes respondia.

[7] Da coluna de nuvem, lhes falava, e o povo obedecia a seus decretos e à Lei que lhes dera.

[8] SENHOR, nosso Deus, tu lhes respondias, demonstrando ser Deus perdoador, ainda que os tenhas disciplinado, por causa de suas rebeliões.

[9] Exaltai o SENHOR, o nosso Deus; prostrai-vos voltados em direção ao seu santo monte, porquanto o Eterno, o nosso Deus, é Santo!

Salmos 100

Exorta-se toda criatura a celebrar o Senhor

[1] Um salmo para ações de graças. Aclamai com júbilo ao SENHOR,todos os habitantes da terra!

[2] Rendei culto ao SENHOR com alegria, vinde à sua presença com cânticos de louvor.

[3] Reconhecei que o SENHOR é Deus! Ele nos fez, e somos seus: seu povo e rebanho de seu pastoreio.

[4] Entrai por suas portas com ações de graças e em seus átrios com hinos de adoração; exaltai-o e bendizei o seu Nome!

[5] Porquanto o SENHOR é bom e seu amor leal dura para sempre; sua fidelidade acompanha todas as gerações.

Salmos 101

Davi promete a Deus andar perante ele com sinceridade e opor-se aos ímpios

[1] Um salmo de Davi. Quero cantar a misericórdia e a justiça, entoar um hino de louvor a ti, ó SENHOR!

[7]Wayethetha nabo ekwintshinyela yelifu, kuba babeyithobela imiyalelo nemithetho yakhe.

[8]Ewe, Ndikhoyo, Thixo, wabeva abantu bakho; wababonisa ukuba unguThixo oxolelayo, kodwa ukwangoyohlwayayo intw' embi.

[9]Mbongeni uNdikhoyo uThixo wethu. Mnquleleni entabeni yakhe eyodwa! Kaloku ungcwele uNdikhoyo uThixo wethu.

Iindumiso 100

Ingoma yokubonga

Umhobe wokubulela.

[1]Mombeleleni uNdikhoyo, nonke hlabathi!

[2]Mnquleni uNdikhoyo nivuya, nize kuye nisombela iingom' ezimyoli!

[3]Yazin' ukuba uNdikhoyo nguThixo; nguye owasidalayo, yaye singabakhe, singabantu bakhe, singumhlambi wakhe.

[4]Ngenani nibulela emasangweni akhe; ngenani ngeendumiso endlwini yakhe; mbuleleni, nidumise igama lakhe!

[5]Kaloku lilunga uNdikhoyo; izibele zakhe ziya kuhlala zihleli, ahlale ethembekile kude kube nini-nini.

Iindumiso 101

Ukuzimisela kokumkani

Umhobe kaDavide.

[1]Igwijo lam lingentembeko nokulunga; ndiya kukombelela lona, Ndikhoyo.

[2] Quero instruir-me no caminho da perfeição: Quando virás ao meu encontro? Quero proceder com coração íntegro dentro de minha casa.

[3] Não colocarei diante dos meus olhos nada que seja pernicioso. Detesto a conduta dos infiéis; tais atitudes jamais me conquistarão!

[4] Longe de mim os perversos de coração; não me deixarei envolver pelo mal.

[5] A quem difama os outros às ocultas, eu o farei calar! Assim como outros altivos de coração e arrogantes não suportarei.

[6] Os meus olhos se agradam dos fiéis da terra, e essas pessoas habitarão comigo. Somente quem se dedica a viver com integridade me servirá!

[7] Quem pratica obras fraudulentas não viverá no meu santuário; o mentiroso não habitará na minha presença!

[8] Manhã após manhã destruirei os ímpios da terra, para livrar de todos os malévolos, a cidade do Eterno!

Salmos 102

Na sua grande aflição, o salmista recorre a Deus para que restabeleça o seu povo e o reconduza à sua terra

[1] Súplicas de um aflito à beira do desespero, derramando seu lamento diante do SENHOR. Ó SENHOR, ouve a minha oração! Chegue a ti o meu pedido de socorro!

[2] Não escondas de mim a tua face, no dia de minha angústia! Inclina para mim os teus ouvidos! Responde ao meu clamor com urgência!

[3] Pois meus dias esvaíram-se como fumaça; os ossos ardem como braseiro;

[2]Ndisoloko ndikuhlonela; woda ufike nini na, Mhlekazi? Ndohlala ndimsulwa emzini wam;

[3]andisayi kumelana nobutshijolo. Ndizithiyil' izimilo zabangahloneli Thixo; andihambisani nazo mpela.

[4]Andiyi kungathembeki; andiyi kusondela ebubini.

[5]Ndomlumkela umnt' onentlebendwane, ndingalinyamezeli ikratsha negumasholo.

[6]Ndobamkela abahlonela uThixo kwibhotwe lam, amagosa am abe ngabantw' abathembekileyo.

[7]Akukho mkhohlisi uya kuba semzini wam, naxoki liya kuhlala apho ndikhoyo.

[8]Ndowatshabalalisa rhoqo onke amatshijolo elizweni, ndibagxoth' abantw' abagwenxa emzini kaNdikhoyo.

Iindumiso 102

Umthandazo womntu osebunzimeni

Umthandazo womntu osebunzimeni ophalaza intlungu yakhe kuNdikhoyo.

[1]Ndikhoyo, wuve umthandazo wam, nesikhalo sam masifike kuwe!

[2]Sukundizimela xa ndisebunzimeni; ndiphulaphule undive kamsinya ndakukhala.

[3]Imihla yam ithe shwaka okomsi; ndiyathuthunjelwa ziingqaqambo.

[4] meu coração está ressequido como erva cortada; até me esqueço de comer meu pão.
[5] Meus gemidos são tão veementes, que meus músculos aderem aos ossos.
[6] Sou como a gralha da estepe, como a coruja das ruínas.
[7] Fico insone: tornei-me qual pássaro solitário no telhado.
[8] Todo dia meus inimigos me ultrajam; furiosos, contra mim praguejam.
[9] Pois alimento-me de cinza, como se fosse pão; e lágrimas misturo à minha bebida.

[10] Por causa da tua indignação e da tua ira, tu me ergueste e me arrojaste ao chão.

[11] Meus dias são como a sombra que se alonga, estou secando como a erva.

[12] Mas, tu, ó Eterno, estás entronizado para sempre e serás lembrado, de geração em geração.
[13] Tu te erguerás e terás misericórdia de Sião, porque já é tempo de teres piedade; sim, o momento chegou.
[14] Pois teus servos amam até as pedras de suas cidades destruídas e a poeira de seus caminhos arruinados.

[15] As nações temerão o Nome do Eterno, e todos os reis da terra, tua glória,

[16] quando o SENHOR reconstruir Sião e aparecer em sua glória,
[17] quando se voltar para a oração dos espoliados e deixar de rejeitar sua prece.
[18] Que isso seja escrito para a geração futura, para que um povo, que ainda será criado, louve o SENHOR, declarando:

[4]Ndixusheke ndada ndalityéba; senditsho ndaphelelwa nangumdla wokutya.
[5]Ndiyagcuma kukugula; andibhitye nditsho ndangamathambo.
[6]Ndifana nesikhova enkangala; ndinjengesihulu-hulu senxiwa.
[7]Ndilal' obentaka kukumana ndiphuthelwa; ndifana nentak' ehleli yodwa exhantini.
[8]Ziyandigxibha yonk' imini iintshaba zam; ziphoxisa ngam, ziqalekisana ngegama lam.
[9]Ndinesingqala, ukutya akuvumi kuhla; intw' endiyiselayo seliziinyembezi zam.
[10]Loo ntw' ibangwa yingqumbo nomsindo wakho; kaloku wena undifunqule wandilahla kwesinomhlwa.
[11]Seligqithe njengamathunz' okuhlwa imihla yam; selide yabuna okwengca elahliweyo.
[12]Kodwa wena, Ndikhoyo, uya kulawula kude kube ngunaphakade; ziya kubalisa ngawe zonk' izizukulwana.
[13]Uya kuhlabeka, uyisizele iZiyon; ewe, ixesha lokuyenzel' inceba selifikile, seligalelekile.
[14]Ziyayithand' izicaka zakho, naxa seliziindonga nje; ziyahlabeka xa ziyibona selingamabhodlo iZiyon.
[15]Zolihlonel' igama likaNdikhoyo zonk' iintlanga, neekumkani zonke zisibeke isihomo sakhe.
[16]Kuba kaloku uNdikhoyo woyivusa iZiyon, sicace ke isidima nesithozela sakhe.
[17]Uyawuva umthandazo weendwayi, azisabele nezicelo zazo.
[18]Le mbali mayibhalelwe isizukulwana esizayo ze bamdumise uNdikhoyo nâbo bangekazalwa.

[19] "O SENHOR se debruçou do alto do seu santuário, lá nos céus, e olhou para a terra,

[20] para ouvir o gemido dos cativos e libertar os condenados à morte,

[21] para que em Sião se proclame o Nome do SENHOR e seu louvor, em Jerusalém,

[22] quando se reunirem povos e reinos para servir ao SENHOR"!

[23] Ele reduziu minhas forças em pleno caminho, abreviou meus dias.

[24] "Meu Deus – disse eu - não me arrebates na metade dos meus dias, Tu, cujos anos duram por gerações!"

[25] Outrora fundaste a terra, e os céus são obra de tuas mãos.

[26] Eles perecerão, mas tu permaneces; todos eles se desgastarão como um manto; Tu, como a roupa, os trocarás, e serão abandonados.

[27] Tu, porém, és o que és, e teus anos não têm fim.

[28] Os filhos de teus servos se estabelecerão, e seus descendentes se manterão diante de ti!

Salmos 103

Convida-se a louvar a Deus por amor de sua graça

[1] Um salmo davídico. Bendize, ó minha alma, ao Senhor, e todas as minhas entranhas, seu santo Nome!

[2] Bendize, ó minha alma, ao Senhor, e não te esqueças de nenhum dos seus benefícios!

[19]Kaloku wakhangela phantsi yena ephezulu uNdikhoyo, nditsho uNdikhoyo esesibingelelweni sakhe; wajong' emhlabeni esezulwini yena,

[20]ukuze akuve ukuncwina kwababanjiweyo, nokuze abakhulule abo bagwetyelwe ukufa.

[21]Yiyo ke loo nto baya kuyivakalisa eZiyon indumiso yakhe, bambonge naseJerusalem uNdikhoyo,

[22]apho sukuba zihlangen' iintlanga nezizwe, zize kudumisa zinqule uNdikhoyo.

[23]Mna uNdikhoyo wandaphul' iimpondo ndiselula, wayifinyeza imihla yobomi bam.

[24]Kodwa ndazibika ndathi: "Thixo wam, sukundithatha kwangoku ndingekaluphali. "Wena uzityhutyha zonke izizukulwana;

[25]Iadalwa nguwe kwantlandlolo ihlabathi; enziwa nguwe nawo amazulu.

[26]Xa zizonke ziya kudlula, ube wena usahleli; ziya kuguga njengeempahla, uzisonge njengeengubo. Zona ziya kutshintshwa njengesambatho,

[27]ube wena ungaguquki, ube wena ungagugi.

[28]Iintsapho zethu zohlala zikhuselekile, nenzala yabo yohlala phantsi kwekhusi lakho."

Iindumiso 103

Izibele zikaThixo

Umhobe kaDavide.

[1]Mbonge uNdikhoyo, moya wam! Mandimbonge uNdikhoyo ngomxhelo wam wonke!

[2]Moya wam, mbonge uNdikhoyo, ungaze uyilibale imisebenzi yakhe emihle nanini-nanini:

3 É Ele quem perdoa todos os teus pecados e cura todas as tuas enfermidades.

4 Ele resgata da sepultura a tua vida e te coroa de amor e misericórdia.

5 Ele sacia de bens a tua existência, de maneira que a tua juventude se renova como o vigor de uma águia.

6 O Eterno realiza atos de justiça e de direito, em favor de todos os oprimidos.

7 Ele revelou seus caminhos a Moisés e, aos israelitas, seus feitos maravilhosos.

8 O SENHOR é misericordioso e clemente, lento para a cólera, mas paciente e generoso em seu amor.

9 Não nos castiga o tempo todo, nem guarda rancor para sempre.

10 Não nos trata segundo os nossos pecados nem nos retribui de acordo com as nossas culpas.

11 Pois, como os céus se elevam acima da terra, assim é imenso o seu amor para com os que o temem.

12 Quanto dista o Oriente do Ocidente, assim também Ele afasta para longe de nós as nossas próprias transgressões.

13 Como um pai se enternece pelos filhos, assim, semelhantemente, o SENHOR tem compaixão de todos aqueles que o temem.

14 Porquanto Ele conhece a nossa estrutura, lembra-se de que somos pó.

15 A existência do ser humano é semelhante à relva; ele floresce como a flor do campo,

16 que se esboroa quando o vento sopra e ninguém mais se lembra do lugar onde a planta estivera firmada.

3 uloxolela zonk' izono zam; ulophilisa zonk' izifo endinazo;

4 ulohlangula ubomi bam enzonzobileni, andambese ngezibele nangenceba;

5 ulondenzel' izintw' ezintle ebomini, ndihlale ndingumqaba-qaba njengokhozi.

6 NguNdikhoyo obonelela abacinezelweyo ubulungisa; ewe, nguye obagwebelayo bonke ngokungenaxanasi.

7 Wamazisa icebo lakhe uMosis; wawabonisa amaSirayeli amandla akhe.

8 UNdikhoyo unenceba nesisa; uqumba kade, yimvuze-mvuze enobubele.

9 Kaloku akasolok' engxolisa, yaye akananqala.

10 Akasohlwayi njengoko sifanelwe kukohlwaywa, engaziphindezeli ngokwezigqitho zethu.

11 Kungangokuba kude kwesibhakabhaka emhlabeni ukubalasela kwezibele zakhe kwabamhlonelayo;

12 ulogxoth' izono zithi qelele kuthi njengempumalanga nentshonalanga.

13 Bufana nomzali kubantwana ububele bukaNdikhoyo kwabamnik' imbeko.

14 Kaloku uyasazi into esiyiyo; uyaqonda ukuba siluthuli.

15 Yen' okokwakhe umntu uyafana nje nengca: uyakhula, achume okwentyatyambo.

16 Suka uvuthuze won' umoya, iphephethek' intyatyambo, ingab' ibekho kuloo ndaw' ibikad' ikuyo.

[17] Mas o amor leal do SENHOR é, desde sempre e para sempre, para aqueles que o temem; e sua justiça, para os filhos de seus filhos,

[18] com todos os que guardam a sua aliança e se lembram de obedecer aos seus mandamentos.

[19] O SENHOR estabeleceu o seu trono nos céus e, como Rei, domina sobre tudo o que existe.

[20] Bendizei ao SENHOR vós, seus anjos, forças poderosas de elite que amais a sua Palavra e obedeceis a todas as suas ordens.

[21] Bendizei ao SENHOR vós todos, seus exércitos; vós seus ministros, que cumpris sua vontade!

[22] Bendizei ao SENHOR todas as suas obras, em todos os lugares do seu domínio eterno! Bendize ao SENHOR, ó minha alma!

Salmos 104

A glória de Deus é manifestada na criação e na conservação de todas as coisas

[1] Bendize, ó minha alma, o Eterno: "SENHOR, meu Deus, Tu és deveras grandioso! Estás vestido de majestade e magnificência!"

[2] Vestido de esplendorosa luz, como num manto, Ele estende os céus como uma tenda,

[3] e deposita sobre as águas dos céus as vigas dos seus aposentos. Faz das nuvens a sua carruagem, e cavalga nas asas do vento.

[4] Dos ventos faz seus mensageiros, e de seus ministros, labaredas de fogo.

[17]Ke zon' izibele zikaNdikhoyo zivelela abamhloneleyo; uhlala enobubele kwizizukulwana ngezizukulwana,

[18]kwabanyanisekileyo kumnqophiso wakhe nabathobela imithetho yakhe.

[19]UNdikhoyo ungqendev' esihlalweni sakhe ebhotw' ezulwini; ulawulo lwakhe luqhakamshela ihlabathi liphela.

[20]Mbongeni uNdikhoyo, nina zithunywa zakhe ezinamandla; mbongeni, nina nibalasele ngokumthobela; liphulaphuleni ilizwi lakhe.

[21]Mbongeni, uNdikhoyo, nina mikhosi yezulu; mbongeni, nina zicaka zakhe.

[22]Nani zidalwa, khanimbonge nonke, kuzo zonk' iindaw' alawula kuzo. Nawe, moya wam, mbonge uNdikhoyo!

Iindumiso 104

Ukubonga uMdali

[1]Mbonge uNdikhoyo, moya wam! Ubungangalala bakho, Ndikhoyo, Thixo wam, buyamangalisa! Uzithe wambu ngesihomo nesithozela;

[2]ulowambath' ukukhanya, kwanga yingubo; ulotwabulul' isibhakabhaka, wanga wanek' intente;

[3]ulomis' iintsika zendlu yakhe emanzini, enze iinqwelo ngamafu, achankcathe phezu kwamaphik' omoya;

[4]ulowenz' imimoya izithunywa zakhe, nemiban' elenyay' ibe zizicaka zakhe.

5 Criaste a terra, assentando-a sobre base firme, para que seja para sempre indestrutível!

6 Como se estendesses sobre ela um manto, assim a cobriste com os oceanos; as águas cobriam as montanhas.

7 Diante da tua repreensão, as muitas águas começaram a refluir, puseram-se em fuga ao ribombar dos teus trovões;

8 subiram pelos montes e escorreram pelos vales, para os lugares que tu mesmo lhes designaste.

9 Estabeleceste um limite que não podem ultrapassar; nunca mais voltarão a cobrir a terra.

10 É Ele quem faz jorrar as fontes nos vales; elas correm por entre os montes;

11 delas bebem todos os animais selvagens, e os jumentos selvagens saciam sua sede.

12 As aves do céu fazem ninho junto às águas e, entre os galhos, põem-se a cantar.

13 É Ele quem, dos seus altos patamares, rega as montanhas, e a terra se sacia do fruto de suas obras;

14 faz brotar a erva para o gado, as plantas que o homem cultiva, tirando da terra o alimento,

15 o vinho que alegra o coração, o óleo que dá brilho às faces e o pão que sustenta o vigor dos seres humanos.

16 As árvores do SENHOR saciam-se e os cedros do Líbano que Ele plantou,

17 nos quais os pássaros fazem seu ninho, em cujos cimos a cegonha tem pousada.

5Zabekwa nguw' iziseko zomhlaba ze zingashuku-shukunyiswa bani.

6Wawugqquma ngenzonzobil' olwandle, wang' uwambes' ingubo, atshw' amanzi azithi gqume iintaba.

7Uthe wakuwakhalimel' abaleka; zakuvakal' iindudumo zezwi lakho, aphaphathek' elatyuza.

8Ehl' iintaba neenduli, abhek' ezantsi, apho wawuthe maze aye khona.

9Kaloku wamis' imid' amanz' angegqithi kuyo, hlez' aphind' awugubungel' umhlaba.

10Ulogqabhuz' imithombo ezintlanjeni, ibaleke phakathi kweenduli,

11apho kusel' izilwanyana, nalaph' amaqwarh' athob' unxano.

12Kulapho zakhela khon' iintaka, zintyiloz' emasebeni emithi.

13Ulonkcenkceshel' iintaba ngeemvula zaphezulu; uchumil' umhlaba ziintsikelelo zakho.

14Ulontshulisel' iinkomo ingca, akhulisel' abantu izityalo, kuvel' isivuno sokutya,

15newayin' echwayitisayo, amafuth' okuthambisa, kunye nesonka sokubondla.

16Iyifumana kanobom imvula imithi kaNdikhoyo, loo mithi yemisedare awayityala eLebhanon.

17Iintaka zizakhela kuyw' iindlwana zazo, neengwamza zakhel' emikhobeni.

18 As altas montanhas pertencem às cabras montesas, os penhascos dão abrigo aos roedores de várias espécies.

19 Foi Ele quem fez a lua para marcar as estações, e o sol conhece seu ocaso.

20 Quando desdobras as trevas, faz-se noite, na qual rondam as feras da selva.

21 Os leões rugem por alguma presa, buscando de Deus seu alimento;

22 mas ao nascer do sol recolhem-se e vão se deitar nos covis.

23 O homem sai para seu trabalho, para o seu labor até o pôr-do-sol.

24 Quão numerosas são as tuas obras, ó SENHOR! Fizeste-as todas com perfeita sabedoria. A terra está repleta de tuas criaturas.

25 Eis o mar, vasto e profundo. Nele vivem inúmeras criaturas, seres vivos, minúsculos e enormes!

26 Por ele singram os navios e também o Leviatã que criaste, para com ele se divertir.

27 Todos esperam em ti que lhes dês alimento no devido tempo.

28 Tu lhes dás, e eles o recolhem; abres a mão, e eles se fartam de bens.

29 Escondes a tua face, e eles se perturbam; se retiras o seu alento, perecem e voltam a seu pó.

30 Quando envias o teu fôlego, eles são criados, e renovas a face da terra.

31 Perdure para sempre a glória do SENHOR! Alegre-se o SENHOR em suas realizações maravilhosas!

18Won' amatshabanqa ahlal' ezingxondorheni, ziz' iimbila zibalekele emaweni.

19Iinyanga zibalwa ngokufa kwenyanga, nelanga liyalazi ixesha lokutshona kwalo.

20Ubusuku benziwa nguwe, ukuz' izilwanyana zihamba-hambe.

21Amathol' eengonyam' ayagragram' ezingela, efuna ukuty' okuvela kuThixo.

22Ukuphuma kwelanga ziyemka zonk' izilo, ziye kulal' ezikhundleni zazo.

23Bandul' ukuphum' abantu baphangele, basebenze kude kutshon' ilanga.

24Hay' ubuninzi bezintw' ozenzileyo, Ndikhoyo! Uzenze ngobulumko xa zizonke; uzel' umhlaba zizintw' ezidalwe nguwe.

25Phaya esithabazini solwandle kukho inyambalala yezilo; kukho ezikhulu, kukho nezincinane.

26Kuhamba iinqanawa apho, kanti nomnenga udlwabiza udloba kulo, eso silw' esadalelwa loo nto nguwe.

27Zonke ezo zinto zijonge kuwe, ukuz' uzondle ngexesh' ekufuneka zitye ngalo.

28Wakuzipha ziyatya, ze wakuzondla zihluthe.

29Uthi wakuzifulathela, zoyike, zixhale; wakuwuthatha umphefumlo zife, zibuyele eluthulini.

30Wakuthumela umoya wakho ziyadalwa, butsho buvuseleleke ubuso bomhlaba.

31Masime ngonaphakade isihomo nesithozela sakho, Ndikhoyo; wanga ungakonwabisa umsebenzi owenzileyo.

[32] Ele olha para a terra, e ela treme; Ele toca as montanhas, e elas fumegam.

[33] Enquanto eu viver, cantarei ao SENHOR; entoarei louvores ao meu Deus, enquanto eu existir.

[34] Que as minhas meditações lhes sejam agradáveis, pois no SENHOR depositarei toda a minha satisfação!

[35] Que os pecadores desapareçam da terra, e os ímpios sejam extinguidos! Bendize, ó minha alma, ao SENHOR. Louvado seja o Eterno! Aleluia!

Salmos 105

O salmista louva a Deus por haver guardado o seu pacto com os patriarcas, livrado do Egito a Israel e havê-lo conduzido pelo deserto até Canaã

[1] Louvai ao SENHOR, invocai o seu Nome, proclamai seus feitos entre os povos!

[2] Cantai para Ele, entoai-lhe hinos, considerai todas as suas maravilhas!

[3] Gloriai-vos em seu santo Nome! Exulte o coração dos que buscam o SENHOR!

[4] Procurai o SENHOR e seu poder, buscai sempre a sua face!

[5] Recordai as maravilhas e os julgamentos provenientes de sua boca,

[6] vós, descendência de Abraão, seu servo, vós filhos de Jacó, seus eleitos!

[7] Ele é o SENHOR, nosso Deus; seus julgamentos estão em toda a terra.

[8] Ele sempre se lembra de sua aliança, a Palavra que ordenou para mil gerações,

[32]Wena uthi ungawujonga nje ube selungcangcazela umhlaba, uzichukumis' iintaba zitsho ziphum' umsi.

[33]Ndomombelel' uNdikhoyo lo gama ndisaphilayo, ndimbong' uThixo wam lo gama ndisadl' ubomi.

[34]Wanga angavuyiswa ngumbongo wam uNdikhoyo, kuba yena uyandivuyisa.

[35]Mababhangisw' aboni ehlabathini; makangabikho konk' amatshijolo. Wena moya wam, mbonge uNdikhoyo; ewe, mbonge uNdikhoyo!

Iindumiso 105

UThixo nemilowo yakwakhe

(1 Gan 16:8-22)

[1]Bulelani uNdikhoyo, ninqule igama lakhe, nizibalisel' iintlanga ngezintw' asenzele zona.

[2]Mombeleleni, mbongeni, zixeleni izintw' ezimangalisayo asenzele zona!

[3]Qhayisani ngegama lakhe; mabachwayite abo bamnqulayo uNdikhoyo!

[4]Lufuneni kuNdikhoyo uncedo; mfuneni aph' akhoyo ngawo onke amaxesha.

[5]Ze nizikhumbule izinto asenzele zona: imimangaliso ayenzileyo, nemithetho ayiwisileyo.

[6]Nina niyinzala yesicaka sakhe uAbraham, nilusapho lukaYakobi umnyulwa wakhe.

[7]UThixo wethu nguNdikhoyo; yeyehlabathi lonke imithetho yakhe.

[8]Akasokuwulibala naphakade umnqophiso wakhe, awawenzela izizukulwana ngezizukulwana.

[9] aquela que Ele firmou com Abraão e confirmou por juramento a Isaque.
[10] Ele confirmou sua promessa como decreto a Jacó, aliança eterna para Israel, ao declarar:
[11] “Dar-te-ei a terra de Canaã como quinhão de tua herança”.
[12] Quando eram ainda poucos em número, apenas um punhado de peregrinos na terra,
[13] migrando de nação para nação, de um reino para outro povo,
[14] não deixou ninguém oprimi-los; castigou reis por sua causa, proclamando:
[15] “Não toqueis em meus ungidos, não maltrateis meus profetas!”
[16] Chamou a fome sobre aquelas terras, cortando todo o suprimento de pão.
[17] Enviou à frente deles um homem, José, vendido como escravo.
[18] Prenderam-lhe os pés em grilhões, e seu pescoço rendeu-se aos ferros,
[19] até que se cumprisse sua predição e a Palavra do Senhor confirmasse o que profetizara.
[20] O rei mandou soltá-lo, o governante maior dos povos o pôs em liberdade.
[21] Constituiu-o senhor de sua casa, e administrador de todas as suas posses,
[22] para orientar os oficiais como desejasse, e ministrar sabedoria aos anciãos do rei.

[9]Ndixel' umnqophiso awawenza noAbraham, kwanesifungo asenze kuIsake.
[10]Kaloku wamnik' ummiselo uNdikhoyo uYakobi, wamnik' umnqophis' ongasoz' uphel' uSirayeli,
[11]esithi: “Wena ndokunik' umhlaba waseKanana, ube sisabelo selifa lakho.”
[12]Babengabantw' abambalwa nje, bengazelwe nto; babengabaphambukeli kuphela nje kuloo mhlaba.
[13]Babebhadula kumazwe ngamazwe; besuka kolunye ulawulo baye kolunye.
[14]Kodwa uThixo akavumanga ukuba batsaliswe nzima; ude wazohlwaya neekumkani ngenxa yabo.
[15]Watsho esithi: “Ze ningabachukumisi abathanjiswa bam, ningakhe nibenzakalise abashumayeli bam.”
[16]Ekubeni evelise indlala elizweni labo uNdikhoyo, nokutya kwabo wakuphelisa mpela,
[17]wabathumela uJosefu wabandulela, wathengiswa waba likhoboka.
[18]Amaqatha akhe adliswa ngamatyathanga, waminxwa nasemqaleni ngamakhamandela,
[19]lada lazaliseka ilizwi awayelithethile, ilizwi likaNdikhoyo lamngqinela.
[20]Ikumkani yamhlangula, umlawuli wezizwe wamkhulula,
[21]yamenza intloko yomzi wayo, yamnika igunya lokulawula konke okwayo,
[22]yamnika iwonga kunamaphakathi ayo, kwanegunya lokuqeqesha bonke ooceba bayo.

[23] Entrou então Israel no Egito, e Jacó foi viver como estrangeiro na terra de Cam.
[24] E Deus fez multiplicar seu povo, tornando-o muito mais poderoso que seus inimigos.
[25] A estes, mudou-lhes o coração, para que odiassem seu povo e tratassem seus servos com perfídia.
[26] O Senhor enviou Moisés, seu servo, e Arão, a quem tinha escolhido,
[27] por meio dos quais realizou os seus sinais miraculosos e seus maravilhosos feitos na terra de Cam.
[28] Mandou trevas, e fez-se escuridão; e não puderam contestar sua Palavra.
[29] Converteu a água em sangue e fez morrer os peixes.
[30] Seu país fervilhou de rãs, até nos aposentos de seus reis.
[31] Ele ordenou e vieram insetos, mosquitos em todo o seu território.
[32] Em vez de chuva deu-lhes granizo e raios flamejantes sobre sua nação.
[33] Arrasou-lhes os vinhedos e as figueiras, e destruiu as árvores de toda a sua terra.
[34] Outra vez Ele ordenou, e vieram nuvens de gafanhotos e incontáveis enxames de larvas,
[35] que devoraram toda a vegetação e os frutos daquela terra.
[36] Depois matou todos os primogênitos da terra deles, todas as primícias de sua virilidade.

[23]Naye uYakobi waya eJiputa, waba ngummi elizweni lakwaHam.
[24]UNdikhoyo wabanika inzala eninzi abantu bakhe, wabanika amandla kunababandezeli babo.
[25]Wawafaka intiyo amaJiputa, ukuze azikhohlise izicaka zakhe.
[26]Emva koko uthumele uMosis isicaka sakhe kunye noAron umnyulwa wakhe.
[27]Babonakalisa imiqondiso yamandla kaThixo, benza nemimangaliso eJiputa.
[28]UThixo wezisa ubumnyama emhlabeni, kuba engalivanga amaJiputa ilizwi lakhe.
[29]Amanzi emilambo ajika aligazi, zafa zaphela nezo ntlanzi zabo.
[30]Axhuma-xhuma amaxoxo kwelo lizwe, angena nkqu nasemagumbini ekumkani.
[31]Watheth' uThixo, kwavela ibubu leempukane, nebubu lezibawu zalityhutyha lonke elo.
[32]Kwawa isichotho endaweni yemvula, kwamenyezel' imiban' eyoyikekayo apho.
[33]Yavuthuluk' imithi yemidiliya namakhiwane, yawa yaphela imithi kweli lizwe.
[34]Watheth' uThixo, kwavel' iinkumbi, zatsho ngenyambalala yomqikela.
[35]Zalubhuqa lonk' uhlaza lwalapho, zayibhuqa yonke imveliso yomhlaba.
[36]Wawabulala onk' amavela-tanci, nditheth' onke amazibulo amaJiputa.

[37] O Senhor libertou Israel daquele povo, que saiu cheio de prata e ouro. E não se encontrava em suas tribos quem fosse trôpego.
[38] Todo o Egito muito se alegrou com a saída de Israel, porquanto grande era o pavor do povo de Deus.
[39] Então, Ele estendeu uma nuvem para lhes dar sombra como um toldo, e um clarão de fogo para iluminar a noite.
[40] Pediram, e Ele mandou codornizes, e os saciou com pão do céu.
[41] Fendeu a rocha e dela brotaram águas puras, que correram qual torrente pelo deserto.
[42] Porquanto estava lembrado da sua Palavra sagrada e de Abraão, seu servo.
[43] E conduziu com alegria o seu povo e, com jubiloso canto, os seus escolhidos.
[44] Concedeu-lhes as terras dos pagãos, e eles tomaram posse do fruto do trabalho de outros povos,
[45] para que obedecessem aos seus decretos e guardassem as suas leis. Aleluia!

Salmos 106

Deus é louvado por haver suportado o seu povo, apesar das muitas rebeliões

[1] Aleluia! Dai graças ao SENHOR, porquanto Ele é bom; o seu amor dura para sempre!
[2] Quem poderá proclamar as proezas do SENHOR e apregoar todo o louvor que merece?

[37]Wawakhupha amaSirayeli, emka epheth' igolide nesiliva, kungekho namny' ubikwa hlaba kubantu bakhe.

[38]Avuya amaJiputa akumka amaSirayeli; kaloku ayeselewoyika.
[39]Wabasitha ngelif' emini abantu bakhe, wabakhanyisela ngesithatha somlil' ebusuku.
[40]Bakucel' ukutya kwavel' izagwityi, wabanik' isonka esivel' ezulwini, bahlutha.

[41]Wavul' iliwa, ampompoza amanzi, kwavel' imisinga, yacand' enkangala.

[42]Kaloku wakhumbula isithembiso sakhe, esingumnqophiso wakhe noAbraham isicaka sakhe.
[43]Wabandulula bechwayitile abantu bakhe, abanyulwa bakhe behamba besombela.

[44]Wabanika amazwe ezinye izizwe, basixhamla isiqhamo sokubila kwazo,

[45]khon' ukuze bayithobel' imithetho yakhe, bagcine nemiyalelo yakhe. Makabongwe uNdikhoyo!

Iindumiso 106

Izibele zikaNdikhoyo kubantu bakhe

Iculo; umhobe kaDavide.

[1]Mbongen' uNdikhoyo! Bambani ngazibini kuba ulungile uNdikhoyo. Kaloku izibele zakhe ziya kuhlala zikho ngonaphakade.
[2]Ngubani onokubalisa ngezenzo ezidumileyo zikaNdikhoyo; ingubani onokumbonga ngokufezekileyo?

3 Felizes os que observam o direito e praticam a justiça em todo o tempo!

4 Lembra-te de mim, ó Eterno, de acordo com a tua benevolência para com teu povo;

5 para que eu possa ver a felicidade dos eleitos, alegrar-me com a felicidade de teu povo e gloriar-me com a tua herança!

6 Pecamos, como nossos antepassados, cometemos iniquidades, praticamos o mal.

7 Nossos pais, no Egito, não deram a devida atenção a teus sinais milagrosos; esquecidos de teus inúmeros favores, rebelaram-se junto ao mar, o mar Vermelho.

8 Entretanto, Ele os salvou por causa do seu Nome, para deixar manifesto o seu poder.

9 Repreendeu o mar Vermelho, e este secou; permitiu-lhes andar pelas profundezas,

10 Salvou-os da mão daquele que os odiava; resgatou-os das garras do inimigo;

11 as águas cobriram seus adversários, sem que um só deles restasse.

12 Então creram em suas promessas, e a Ele entoaram cânticos de louvor.

13 Muito depressa, porém, esqueceram seus feitos e não quiseram esperar para conhecer mais de seus desígnios.

14 Dominados pela fome no deserto, puseram Deus à prova, nas regiões áridas.

3Hay' uyolo lwabo bathobela imithetho yakhe; nditheth' abo bahlala besenza okulungileyo.

4Uzundikhumbule, Ndikhoyo, xa ubonelel' abantu bakho; ungandishiyi, Ndikhoyo, xa ubahlangulayo.

5Nam maze ndiyibon' inkqubela yabanyulwa bakho, ndize ndivuye kunye nabantu bakho, ndilixhamle ibhongo neqhayiya labantu bakho.

6Nathi sone njengookhokho, sikwenzile ukungcola nobubi.

7Xa babeseJiputa oomawokhulu zange bazinanze izenzo zakhw' ezidumileyo; bazilibala izibele zakho, basuka bamvukel' uPhezukonke kuLwandl' oluBomvu.

8Kodwa wabahlangula uNdikhoyo ngenxa yegama lakhe, khon' ukuze bawaqonde amandla akhe.

9Wawis' izwi, lwaza loma qoko uLwandle oluBomvu; wabaweza kuloo nzonzobila, banga bahamb' enkangala.

10Wenjenjal' ukubakhulula esandleni sotshaba; wabahlangula kubabandezeli babo.

11Zagutyungelwa ngamanzi iintshaba zabo, akwasinda namnye kuzo.

12Bandul' ukuziqonda ke izithembiso zikaNdikhoyo, baza badomboza betyibela ngemibongo.

13Kwakamsinya bazilibala izintw' abenzele zona, benza ukuthanda kwabo bengajonge cebiso kuye.

14Entlango bangenwa kukubawa, baza bamlinga uThixo kuloo nkangala.

[15] Concedeu-lhes tudo o que reclamavam, mas, por sua gula, mandou-lhes uma doença horrível.

[16] No acampamento eles invejaram Moisés e Arão, o consagrado do SENHOR.

[17] Então, abriu-se a terra e engoliu Datã, e sepultou o grupo de Abirão.

[18] Um fogo consumiu aquele bando, uma chama tornou os ímpios em brasa.

[19] Em Horebe construíram um bezerro, adoraram uma estátua feita de metal;

[20] trocaram Aquele que é a Glória deles pela imagem de um boi que se alimenta de capim!

[21] Esqueceram-se de Deus, seu Salvador, que fizera portentos no Egito,

[22] maravilhas na terra de Cam e realizações magníficas junto ao mar Vermelho.

[23] Por isso, Ele ameaçou destruí-los; porém Moisés, seu escolhido, intercedeu em sua presença, a fim de evitar que sua ira os consumisse a todos.

[24] Da mesma forma rejeitaram a terra aprazível do Senhor; não creram em sua Palavra,

[25] mas murmuraram em suas tendas e não obedeceram à voz do Eterno.

[26] Então lhes jurou, de mão erguida, que os havia de abater no deserto,

[27] e prostraria todos os seus descendentes entre as nações e os dispersaria por outras terras longínquas.

[28] Aderiram ao culto de Baal-Peor e comeram dos sacrifícios pelos mortos.

[15]Wabenzela izicelo zabo, kodwa wabathumela ngobhubhani wesifo.

[16]Bammonela uMosis apho entlango, nditsho naso isicaka sikaNdikhoyo uAron.

[17]Wavuleka wona umhlaba waginya uDatan, wagqumelela uAbhiram kunye neqela lakhe.

[18]Kwagqabhuk' umlilo phakathi kwabo, awabhuq' onk' amatshijolo amalangatye.

[19]Babumba ithole eHorebhe, baza banqula kwaloo mfanekiso bawenzileyo.

[20]Ngale ndlela isihomo sikaThixo basinika umfanekiso wenkomo, into edla utyani.

[21]Bamfulathela uMsindisi wabo, kanye lo wabenzela izinto ezintle eJiputa.

[22]Hay' ubukhulu bezinto abenzela zona kwelakwaHam; hay' ukukhwankqisa kwemimangaliso kuLwandl' oluBomvu!

[23]Yiyo ke loo nto athe nge-ebabhangisile uThixo ukuba uMosis isicaka sakhe wayengabamelanga, athibaz' ingqumbo kaThixo bangatshabalali.

[24]Balicekisa ilizwe elihle kakhulu, kuba babengazikholelwa izithembiso zikaThixo.

[25]Babehlala ezintenteni bekrokra, bengawuthobeli umyalelo kaNdikhoyo.

[26]Wamis' isibhozo efung' esithi wobayeka bafel' aph' enkangala,

[27]ize inzala yab' ayichitha-chithe phakathi kweentlanga, ibe ziintsalu apho kumazw' asemzini.

[28]Basuka bazibandakanya nabanquli bakaBhali wasePehore, batya nokutya kwamadini ezithixo.

29 Assim, com seus atos, o provocaram à ira, e irrompeu entre eles uma peste mortal.

29Bamcaphukisa uNdikhoyo ngezenzo zabo, kwabakho ubhubhani wesifo phakathi kwabo.

30 Mas Fineias se interpôs para executar o juízo, e a praga foi interrompida.

30Waphakama wabangxengxezela uPineyasi, saza sathomalala isibetho eso.

31 Isso lhe foi creditado como um ato de justiça, de geração em geração, para sempre.

31Ngale nto ke wabalelwa kumalungisa, wahlala ekhunjulwa izizukulwana ngezizukulwana.

32 Contudo, eles ainda provocaram a indignação do Senhor junto às águas de Meribá e, por causa deles, aconteceu um infortúnio a Moisés,

32Nangasemithonjeni yeMeribha bamqumbisa uNdikhoyo, waba sengxakini uMosis ngenxa yabo.

33 porquanto, sendo rebeldes contra o Espírito de Deus, induziram Moisés a falar sem refletir.

33Bamcaphukisa uMosis ngangokuba wada wathetha amazwi angemahle konke.

34 Eles também não destruíram os pagãos, como o SENHOR havia ordenado,

34Abazange bazitshabalalise iintlanga njengoko babeyalelwe nguNdikhoyo.

35 em vez disso, misturaram-se com esses povos e imitaram suas práticas.

35Basuka bendiselana nazo, bafunda namasiko azo.

36 Prestaram culto aos ídolos, que se tornaram uma armadilha para eles.

36Banqula izithixo abantu bakaThixo, nto leyo ke yaba ngumgibe wabo.

37 Chegaram ao ponto de sacrificar seus filhos e filhas aos demônios.

37Babinga oonyana neentombi zabo, besenzela iindimoni amadini.

38 Derramaram sangue inocente, o sangue de seus próprios filhos e filhas, sacrificados aos ídolos de Canaã; e a terra foi profanada pelo sangue deles.

38Baliphalaz' igaz' elingenatyala, nditheth' eloonyana neentombi zabo ababebanikela kwizithixo zaseKanana; labubutyadidi ke elo zwe lelo gazi.

39 Tornaram-se impuros por meio dos seus atos infames; prostituíram-se por suas más ações.

39Benjenjalo ke ukuzixabhela; benjenjalo ukuzenyelisa bamfulathela uThixo.

40 Por tudo isso se inflamou a ira do SENHOR contra seu povo, e Ele sentiu repugnânciapor sua herança.

40UNdikhoyo wavutha ngumsindo, waza wabacaphukela abantu bakhe.

41 Entregou-os nas mãos dos pagãos, e os seus adversários dominaram sobre eles.

41Wabayekela ezandleni zeentlanga, baba phantsi kolawulo lweentshaba zabo.

42 Seus inimigos os oprimiram e os humilharam com seu poder.

42Zababandezel' iintshaba, bahlala kabuhlungu phantsi kwazo.

[43] Ainda assim, Ele os tem libertado muitas vezes, embora prosseguissem em seus planos de rebelião e afundassem cada vez mais em sua malignidade.

[44] Contudo, Deus atentou para o sofrimento deles, quando ouviu o seu clamor.

[45] Lembrou sua aliança com eles, e arrependeu-se, por causa do seu imenso amor leal.

[46] Fez que obtivessem clemência de todos os que os haviam deportado.

[47] Salva-nos, SENHOR, nosso Deus, e recolhenos dentre as nações pagãs, a fim de que possamos dar graças ao teu santo Nome e fazer do teu louvor a nossa glória perene.

[48] Bendito seja o SENHOR, Deus de Israel, desde sempre e para sempre! Que todo o povo declare: "Amém!" Aleluia!

Salmos 107

A bondade de Deus em proteger os viajantes, os encarcerados, os doentes, os que navegam e, em geral, todos os homens

[1] Rendei graças ao SENHOR, porque Ele é bom, e a sua misericórdia dura para sempre.

[2] Que o digam os redimidos do SENHOR, os que Ele resgatou da mão do inimigo

[3] e reuniu dos países do Oriente e do Ocidente, do Norte e das bandas do Sul!

[4] Alguns andavam errantes pelo deserto, por terras inóspitas, sem encontrar caminho para alguma cidade habitada.

[43]Kwaba kaninzi-ninzi ebahlangula uNdikhoyo, kodwa bakhetha ukungamva, beyela zwabha esonweni;

[44]Kambe ke wabuya wayigqala uNdikhoyo imbandezelo yabo, wabeva bakuzibika kuye;

[45]wazikhumbula nezithembiso zakhe kubo, waba nenceba ngenxa yothando lwakhe olukhulu,

[46]wabatsho basizelwa ngababandezeli babo.

[47]Sisindise, Ndikhoyo, Thixo wethu, siqokelele phakathi kweentlanga, ukuze sikubulele, silibonge igama lakho elingcwele.

[48]Makabongwe uNdikhoyo uThixo kaSirayeli kususela ngoku kude kube nini-nini! Bonk' abantu mabathi: "Huntshu!" Mawubongwe wena, Ndikhoyo.

Iindumiso 107

ICANDELO LESIHLANU

(IiNdumiso 107–150)

Ukuncoma ukulunga kukaThixo

[1]Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; ezakhe izibele zohlala zihleli.

[2]Ewe, mabadanduluke batsho abasindisiweyo bakaNdikhoyo, abo abakhululeyo esandleni sotshaba;

[3]nditsho abo baqokelelwe kwizizwe ngezizwe, empuma nasentshona, emantla nasezantsi.

[4]Bambi babebhadula entlango, bengenaso isixeko sokuma bazinze.

[5] Passavam fome e sede, que a vida se lhes esvaía.

[6] Então, na angústia, clamaram ao SENHOR,e Ele os livrou de suas tribulações:

[7] fê-los tomar um caminho reto, para chegarem a uma cidade habitada.

[8] Louvai, pois, ao Eterno por seu amor leal, por seus milagres em favor dos filhos dos homens!

[9] Pois Ele dessedentou a alma sequiosa e cumulou de bens a alma faminta.

[10] Alguns habitavam na escuridão mortal, prisioneiros da miséria e dos grilhões de ferro,

[11] porquanto se revoltaram contra as ordens de Deus, desprezando o desígnio do Altíssimo.

[12] Por isso, Ele os humilhou por meio de trabalhos pesados; sucumbiram, e não houve alguém que os socorresse.

[13] Então, na sua grande aflição clamaram ao SENHOR, e Ele os livrou de todas as suas tribulações:

[14] tirou-os da escuridão e das espessas trevas, e rompeu seus grilhões!

[15] Dêem graças ao SENHOR por seu amor leal, por seus milagres em favor dos seres humanos.

[16] Porquanto arrebentou as portas de bronze e rompeu as trancas de ferro!

[17] Alguns, embrutecidos por sua conduta insana, sofriam por causa de suas iniquidades.

[5]Ewe, babelamba benxanwa; kwakugos' okwaphukayo beyoba.

[6]Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo bekhohliwe, waza yena wabakhulula kwezo ngxaki zabo,

[7]wabakhokela ngendlela ethe ngqo, wada wabamisa esixekweni bazinza.

[8]Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

[9]Andithi kaloku uyamanelisa onxaniweyo, aze amhluthise ngokulunga olambileyo!

[10]Abanye babehlala esithokothokweni sobumnyama, bengamabanjwa akhonkxwe ngemixokelelwane;

[11]kuba kaloku bawavukela amazwi kaThixo, bawudela ummiselo kaPhezukonke.

[12]Babeziinxekenxeke, besebenza nzima; babezizigede, kungekho bani ubasizayo.

[13]Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula kwezo nkxwaleko zabo.

[14]Wabakhupha esithokothokweni sobumnyama, waziqhawula iimbophelelo zabo.

[15]Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

[16]Kaloku yena uyazifohloza iingcango zesinyithi, aze azikroboze izibonda zentsimbi.

[17]Bambi babencithekile ngenxa yezono zabo; ngenxa yobugwenxa babo babexhwalekile.

18 Todo alimento lhes provocava náuseas, e já tocavam os portais da morte.

19 Então, na sua angústia, clamaram ao SENHOR, e Ele os livrou de suas aflições:

20 enviou sua Palavra para curá-los, para salvá-los de sua extinção.

21 Rendam graças ao SENHOR por sua bondade e pelas maravilhas que realiza em favor de todo ser humano!

22 Ofereçam-lhe sacrifícios de ação de graças e, com cânticos jubilosos, proclamem suas obras!

23 Os que se lançaram ao mar em navios, exercendo sua profissão nas grandes águas,

24 esses viram as obras do SENHOR, seus milagres em alto-mar.

25 A sua Palavra, levantou-se um vento tempestuoso, que sublevava as ondas:

26 subiam até o céu, desciam aos abismos; no meio dessas angústias, desfalecia-lhes a alma.

27 Andaram e cambalearam como bêbados, e perderam todo o juízo.

28 Então, em meio ao seu desespero, clamaram ao SENHOR, e Ele os livrou de suas tribulações:

29 reduziu a tormenta a silêncio, e emudeceram as temíveis ondas.

30 Alegraram-se, porque elas amainaram, e Ele os conduziu ao porto ansiado.

31 Dêem graças ao SENHOR por seu amor leal, por seus milagres em favor da raça humana!

18Ukutya babengasafuni nokukubona; kaloku babesebelikrobile ingcwaba.

19Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula kwezo nkxwaleko zabo.

20Wathetha ngelizwi, baza baphila; ewe, wabahlangula ekufeni.

21Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

22Mabenze amadini okubulela, batsholoze bemdumisa ngemisebenzi yakhe.

23Abanye babehamba elwandle ngeenqanawa; babephila kukurhweba elwandle.

24Babeyibona imisebenzi emikhulu kaNdikhoyo; nditsho imimangaliso yakhe elwandle.

25Kaloku wathetha ngelizwi, kwavel' isaqhwithi, aza ke wona amaza alatyuza.

26Iinqanawa zaphatha kunyuka, zaphatha kuzika; ke bona abarhwebi banxuba.

27Batatazela badidizel' okwamanxila; ewe, lalixubayele bexakiwe.

28Ke kaloku babhenela kuNdikhoyo besengxakini, waza yena wabakhulula kwezo nkxwaleko zabo.

29Wasithothisa ke isaqhwithi, aza ke amaza olwandle azola.

30Ke kaloku bachulumacha kuba kuzolile, waza ke wabafikisa kwizibuko ababelinqwenela.

31Mabambulele uNdikhoyo ngenxa yezibele zakhe ezingatshitshiyo, nangenxa yezigigaba azenzela oonyana babantu.

[32] Exaltem-no na assembleia do povo e o louvem no conselho dos anciãos.

[33] Ele converteu rios, em desertos, e mananciais, em terra seca;

[34] terra frutífera, em deserto salgado, por causa da malignidade dos seus habitantes.

[35] Transformou o deserto, em lençóis de água, e a terra árida, em mananciais.

[36] Fez ali habitar os esfomeados, que fundaram uma cidade habitável.

[37] Semearam campos, plantaram vinhas e colheram os frutos de grande safra.

[38] Ele os abençoa, e eles se multiplicam; e não permite que seus rebanhos diminuam.

[39] Quando, porém, reduzidos, são humilhados com opressão, desgraça e tristeza.

[40] Deus derrama desprezo sobre nobres e ricos incrédulos e os faz vagar num deserto sem caminhos.

[41] Entretanto, levanta da miséria os pobres e necessitados, aumenta as suas famílias como rebanhos.

[42] Os justos observam tudo isso e se alegram, mas todos os ímpios são emudecidos.

[43] Reflitam sobre isso os sábios e considerem o amor leal do SENHOR!

Salmos 108

Davi louva a Deus pela vitória que lhe concedeu

[1] Um cântico de louvor. Salmo davídico. Ó Deus, meu coração está firmado em ti! Por isso cantarei e louvarei ao SENHOR, ó Glória minha!

[32]Ngoko ke mabamncome ebandleni labakhe, bamdumise embizweni yamadoda amakhulu.

[33]Ulojika imilambo ibe yinkangala, imithombo ibe ngumqwebedu.

[34]Ngenxa yenkohlakalo yabemi balo elichumayo ulitsho libe yintlango.

[35]Umajik' intlango ibe sisithabazi samanzi, elibharhileyo litsho litsits' imithombo.

[36]Uzimisa apho ke izilambi, khon' ukuze zime zizinze.

[37]Ziyalima, zizityalela izidiliya; ewe, zivuna intabalala yendyebo.

[38]Ngentsikelelo yakhe bazala bangayeki, neenkomo zabo zihlala zisanda.

[39]Suka ke bancipha ngamanani, baza ke bathobeka, ngenxa yengcinezelo, inkxwaleko, neentsizi.

[40]Amatshawe uwagalele ngehlazo, aba zizibhadu-bhadu zelibharhileyo.

[41]Ke bona abahlelelekileyo uyabonyula ezinkathazweni, abatsho bande ngokwemihlambi.

[42]Athi akuyibona le nto amalungisa agcobe; ke bona abangendawo baxakwe.

[43]Olumkileyo makazigqale ezi zinto; abantu mabaziqonde izibele zikaNdikhoyo.

Iindumiso 108

Ukucela ukukhuselwa ezintshabeni
(Ndum 57:7-11; 60:5-12)

[1]Awu, Thixo, ndizimisele ngokupheleleyo; ewe ngenene, andithandabuzi; ndiza kumemelela nditsholoze!

[2] Harpa e cítara, despertai! Quero acordar a aurora!
[3] Ó Eterno, eu te darei graças entre todos os povos, e entre as nações entoarei teus louvores.
[4] Pois teu amor leal é maior que os céus e a tua fidelidade vai até as nuvens.

[5] Sê exaltado, ó Eterno, acima dos céus; estenda-se a tua glória sobre toda a terra!

[6] Salva-nos com teu braço forte e responde às nossas orações, para que sejam libertos aqueles a quem amas!

[7] Em sua santidade, Deus declarou: “No meu triunfo dividirei Siquém e repartirei o vale de Sucote.

[8] Gileade me pertence e Manassés também; Efraim é o meu capacete, Judá é o meu cetro.
[9] Moabe é a bacia em que me lavo, sobre Edom atiro a minha sandália, contra a Filisteia lanço meu brado de vitória!”

[10] Quem me levará à cidade fortificada? Quem me conduzirá até Edom,

[11] se não fores tu, ó Deus, que nos rejeitaste; tu, ó Eterno, que já não sais com nossas tropas?
[12] Vem em nosso socorro contra os adversários! Vã é a salvação que vem do ser humano.

[13] Com Deus faremos proezas, e Ele esmagará os nossos inimigos!

Salmos 109

[2]Ndosuka ndiqubul' ihapu nekatala; ewe, ndovuka xa kumpondo zankomo.
[3]Ndiya kukuncoma phakathi kweentlanga, Ndikhoyo; ewe, ndokudumisa naphakathi kwezizwe.
[4]Izibele zakho zibalasele ezulwini; ukuthembeka kwakho kurhec' amafu.
[5]Awu, Thixo, zimaseka phezulu esibhakabhakeni; isidima nesihomo sakho masibe phezu kwehlabathi jikelele.

[6]Nceda ngamandla akho usivelele, ukuze basinde abo ubathandayo.

[7]UThixo uthethe esesibingelelweni sakhe, wathi: “IShekem ndiyayahlula-hlula, ngoloyiso ndiyayihlahlela; intili yeSukoti yona ndiyibenge.
[8]IGiliyadi yeyam, noManase ngowam; uEfrayim lelona xhadi lam; uJuda ngumsimbithi wam.
[9]UMowabhi yintili yam yebhongo; ke yena uEdom ndiyambanga. EFilistiya ndikhwaza uloyiso.”
[10]Ngubani onokundisa emzini oxhotyisiweyo? Ngubani onokundisa e-Edom?

[11]Noko usilahlile, Thixo? Akusaphumi nemikhosi yethu?

[12]Sincedise ezintshabeni zethu; kaloku olomntu uncedo luphuthile.

[13]Ukuba uThixo ungakuthi, siya kuphumelela; uya kuzinyhasha iintshaba zethu.

Iindumiso 109

Davi pede a Deus o castigo dos ímpios e que o livre das suas aflições

[1] Ao regente do coro. Um salmo davídico. Ó Deus a quem adoro, não fiques indiferente,
[2] porquanto homens ímpios e falsos propagam mentiras contra mim, e espalham calúnias a meu respeito.
[3] Cercam-me com discursos de ódio e combatem-me sem motivo.
[4] Acusam-me, em paga de minha amizade. Eu, contudo, dedico-me a orar por eles.
[5] O bem retribuem-me com o mal, e minha amizade, com ódio.
[6] Sentenciam eles: "Suscita, a seu lado, o maligno acusador, Satanás; que se ponha à sua direita!
[7] Citado em juízo, seja declarado culpado, e fique sem efeito sua apelação!
[8] Sejam abreviados seus dias, e um outro assuma seu cargo!
[9] Fiquem órfãos seus filhos, e viúva, sua esposa!
[10] Andem errantes seus filhos, a mendigar, a esmolar longe de suas casas em ruína!
[11] De tudo que é seu apodere-se o credor, e estranhos roubem seus ganhos!
[12] Não mais lhe mostrem benevolência, e ninguém se compadeça de seus órfãos!
[13] Sua prosperidade seja completamente aniquilada, e na geração seguinte extinga-se seu nome!
[14] Seja lembrada ao SENHOR a culpa de seus pais, e o pecado de sua mãe não se apague:

Isikhalazo somntu osengxakini

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

[1]Thixo wam endimncomayo, ngani ukuba uthi cwaka,
[2]ndimangalelwa nje zizikhohlakali namaxoki? Kaloku bona bandirhintyela ngobuxoki;
[3]bathetha izinto ezimasikizi ngam; bandihlasela ndingenzanga nto.
[4]Ndandibathanda ndibathandazela, kodwa bandibuyekeza ngokundityhola.
[5]Ukulunga kwam bakubuyekeza ngobubi; uthando lwam balubuyekeza ngentiyo.
[6]Mmisele isibhoja lo mfo; misa ofana naye ematyaleni.
[7]Ematyaleni makafunyaniswe onile, nomthandazo wakhe mawumgwebe.
[8]Imihla yakhe mayinqanyulwe; indawo yakhe mayithathwe ngomnye.
[9]Abantwana bakhe mababe ziinkedama, umfazi wakhe abe ngumhlolokazi.
[10]Abantwana bakhe mababe zizibhadu-bhadu ezingqibayo; mabajikeleze bazingele ukutya nasemabhodlweni.
[11]Ombamba ulutho wanga angamthimba; amandla akhe makaxhatshazwe ngabasemzini.
[12]Ngamana akungebikho bani uvelana naye, angabikho ozisizelayo ezo nkedama.
[13]Ngamana yaphanza nenzala yakhe, igama lakhe lingaphindi likhankanywe.
[14]Ngamana wabuxhiba uNdikhoyo ububi booyise, buhlale phambi kwakhe nobubi bukanina.

[15] estejam continuamente presentes ante o Eterno, a fim de que risque da terra sua memória!
[16] Visto que nunca pensou em agir com misericórdia, mas perseguiu o fragilizado e o pobre, o aflito de coração, para lhe desferir um golpe mortal.
[17] A maldição, que ele tanto amou, veio sobre ele; a bênção, a que ele não deu preferência, dele se afastou.
[18] Revestido de maldição, como de seu manto, ela penetrou como água em suas entranhas, e como óleo, em seus ossos:
[19] envolva-o, como uma veste mortuária e aperte-o, sempre, como um cinto que continuamente se cinge!"
[20] Será essa a retribuição do SENHOR aos meus acusadores, e aos que falam contra mim todo o mal.
[21] Mas tu, ó Eterno, meu Deus, atua em meu favor, pela honra do teu Nome! Pois teu amor leal é sublime, livra-me!
[22] Sou pobre e necessitado e, no íntimo, meu coração está abatido.
[23] Extingo-me como a sombra que declina, sou afugentado como um simples gafanhoto.
[24] Os joelhos tremem de tanto que jejuo, e o corpo definha de fraqueza.
[25] Tornei-me, para meus difamadores, objeto de zombaria: assim que me vêem, meneiam a cabeça.
[26] Ajuda-me, SENHOR, meu Deus! Salvame, segundo teu amor misericordioso!
[27] Que eles reconheçam que foi a tua boa mão, que foste tu, SENHOR, que o fizeste.

[15]Ngamana wabugcina njalo uNdikhoyo obu bubi; igama lakhe malicime kuthi tu emhlabeni.
[16]Kaloku lo mntu zange abakhathalele abahlelekileyo nabaxakekileyo, koko wabadobelela abacinezelwa.
[17]Wayengumqalekisi, naye ke makaqalekiswe; zange athamsanqele, naye ke makangakuzuzi.
[18]Ukuqalekisa wayekunxiba njengempahla: makuthi nca emzimbeni njengamanzi; makugqobhozele emathanjeni njengamafutha.
[19]Ewe, makube njengengubo ayambathayo; mihla le makube yibhanti ayibhinqayo.
[20]Ndikhoyo, esi mayibe sisohlwayo sâbo bandimangalelayo, abo bathetha kakubi ngam.
[21]Kodwa ke, Mhlekazi Ndikhoyo, ndivelele ngenxa yegama lakho; ndihlangule ngenxa yezibele zakho.
[22]Kaloku ndihlelelekile, ndixakekile; futhi ke ndixhelekile.
[23]Ndithe shwaka ngokwesithunzi samarhatya; ndivuthuluke ngokwesinambuzane.
[24]Nditsho ndanengevane kukungatyi; andibhityanga, ndingumcinga!
[25]Iintshaba zam ziphoxisa ngam; zakundibona zihlunguzel' intloko.
[26]Khawundincede, Ndikhoyo Thixo wam; ndisindise ngokwezo zibele zakho!
[27]Khawubethe baqonde ukuba nguwe lo, nguwe ondihlangulayo, Ndikhoyo.

[28] Que eles sigam amaldiçoando, contanto que tu me abençoes! Os que se insurgem sejam confundidos, enquanto teu servo seja contemplado com alegrias.
[29] Cubram-se de ignomínia os que me acusam, emaranhem-se no próprio vexame, como num manto!
[30] Proclamarei com minha boca muitas graças ao SENHOR e o louvarei no meio da multidão,
[31] pois Ele se põe à direita do pobre para salvá-lo daqueles que o caluniam!

Salmos 110

O reino, o sacerdócio e a vitória do Messias

[1] Salmo de Davi. Assim declarou o SENHOR ao meu Senhor: "Assenta-te à minha direita e aguarda, enquanto de teus inimigos faço um objeto de descanso para teus pés!"
[2] O SENHOR estenderá de Sião o poder do teu cetro: domina no meio dos teus inimigos!
[3] Teu povo se apresentará generoso, no dia da convocação. Nos montes santos, mais numerosos do que gotas de orvalho no seio da aurora, tu terás teus exércitos de jovens santos!
[4] O SENHOR jurou e não se arrependerá: "Tu és Sacerdote para sempre, segundo a ordem de Melquisedeque".
[5] O Eterno está à tua direita; Ele esmagará reis no dia da sua ira.
[6] Julgará as nações, amontoando cadáveres e esmagando governantes em toda a extensão da terra.

[28]Mabathi bendiqalekisa nje, ube wena undithamsanqela; bathi ntimfa ngehlazo abo bandihlaselayo. Mna ke sicaka mandiphuphume yimincili.

[29]Abandimangalelayo mabavathe ihlazo; ewe, mabalithi wambu oku komnweba.

[30]Ndiya kubhomboloza ndidumisa uNdikhoyo; ndiya kumncoma phakathi kwezihlwele;

[31]kuba yena uyamxhasa ohlelelekileyo, amhlangule kwabo bamsingela phantsi.

Iindumiso 110

UNdikhoyo nomthanjiswa wakhe

Umhobe kaDavide.

[1] UNdikhoyo wathi enkosini yam ukumkani: "Hlala ngakum kweli wonga, lo gama ndikoyisela iintshaba zakho."

[2]Ulawulo lwakho uNdikhoyo woluqalisa eZiyon. Ke wena zilawule iintshaba zakho.

[3]Amatshawe akho ozincama engaqhutywa, evethe eziyokoyoko zoloyiso, mhla wagagana notshaba lwakho. Kusasa ngejekejeke lobuthelana okombethe ulutsha.

[4]UNdikhoyo akayi kujika, kuba wafunga wathi: "Wena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki oya kuhlala ehleli."

[5]Ke yona iNkosi ingakuwe; mhla yacaphuka iya kuzibhangisa izikumkani.

[6]Iya kuzingenela ngomgwebo izizwe, zitsho ziqungquluze izidumbu zabantu; ewe, iya kuzivikiva iziphathamandla jikelele.

[7] Meu Rei encontrará refrigério no ribeiro em seu árduo caminho, e sua cabeça estará sempre erguida!

Salmos 111

Deus é louvado por amor das suas obras maravilhosas

[1] Aleluia! De todo o coração, louvarei ao SENHOR, na congregação dos justos e na assembleia dos que se reúnem para adorá-lo.

[2] Portentosas são as obras do SENHOR, dignas de profunda meditação para quem as aprecia.

[3] Os feitos do Eterno são magníficos e majestosos, e sua justiça permanece para sempre.

[4] Ele fez memoráveis as suas maravilhas; o SENHOR é misericordioso e compassivo.

[5] Provê o sustento dos que o temem; porquanto, tem sempre presente a lembrança da sua alinça.

[6] Revelou a seu povo suas obras grandiosas, confiando-lhes as terras das nações.

[7] As realizações de suas mãos são verdadeiras e justas, e todos os seus ensinamentos merecem absoluta confiança.

[8] são firmes para todo o sempre, a fim de serem cumpridos fiel e retamente.

[9] Ele trouxe redenção a seu povo, promulgou para sempre sua aliança. Seu Nome é Santo e inspira temos!

[10] O temor do SENHOR é o princípio da sabedoria; todos os que cumprem sus preceitos demonstram bom senso. Ele será louvado por toda a eternidade.

Salmos 112

[7]Ukumkani uya kusela ecaleni kwendlela; ngako ke aqingqe ethwel' indwe.

Iindumiso 111

Izibongo zikaNdikhoyo

[1]Huntshu-u-u! Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!” UNdikhoyo ndiya kumbonga ndiphelelise; ewe, ndiya kumbonga ndikunye namalungisa ebandleni lakhe.

[2]Ewe, mikhulu kambe imisebenzi kaNdikhoyo; abayilangazelelayo bayayiphicotha bayiqondisise.

[3]Imisebenzi yakhe inesidima nobungangamsha; ubulungisa bakhe buhlala buhleli.

[4]Yena uyasikhumbuza imisebenzi yakhe; uNdikhoyo unobubele enesisa.

[5]Uyabondla abo bamthobelayo; yena akawulibali umnqophiso wakhe.

[6]Abantu bakhe ubabonisile amandla akhe ngokubabèla ilifa leentlanga.

[7]Ewe, imisebenzi yakhe mihle, inyanisekile; umntu angaqamela ngemimiselo kaNdikhoyo.

[8]Ke yona iya kuhlala ihleli; yamiselwa ngentembeko nokunyaniseka.

[9]Abantu bakhe wabathi jize ngenkululeko, waza wabamisela umnqophiso ongatshitshiyo. Hay' ubunyulu nobungangamsha begama lakhe!

[10]Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo. Abayenzayo ke le nto baba nengqiqo eyiyo. Ewe, makadunyiswe nanini-nanini!

Iindumiso 112

A felicidade daquele que teme a Deus

1 Aleluia! Quão feliz é a pessoa que teme ao SENHOR e tem grande prazer em seus mandamentos!

2 Sua linhagem será poderosa no país, abençoada geração de homens íntegros.

3 Em sua casa haverá bens e riquezas, e sua justiça permanece para sempre.

4 Desponta nas trevas como luz para os homens retos: é benigno, piedoso e justo.

5 Bem-aventurado quem se compadece e empresta com generosidade, e com honestidade administra todos os seus negócios!

6 O justo jamais será grandemente abalado; para sempre suscitará boas recordações.

7 Não viverá temeroso, esperando más notícias: confiando plenamente no SENHOR, seu coração estará sempre firme.

8 Seu coração está seguro e nada temerá. Certamente, no final, testemunhará o fracasso dos seus inimigos.

9 Generosamente reparte o que possui com os pobres; perene será sua benevolência; de cabeça erguida será honrado e exaltado por muitos.

10 Por isso, o ímpio o observa e fica irado, range os dentes e se consome de ódio. A ambição dos ímpios os levará à destruição!

Salmos 113

Exortação a louvar a Deus pela sua grandeza e por amor da sua bondade para com os pobres

1 Aleluia! Louvai, servos do SENHOR, louvai o Nome do Eterno!

Uvuyo lwelungisa

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Hayi uyolo lomntu omthobelayo uNdikhoyo, oyilangazelelayo imiyalelo yakhe.

2Inzala yakhe iya kuba nobungangamsha elizweni; isizukulwana samalungisa sothamsanqeleka.

3Kweyakhe indlu yindyebo nobutyebi; uya kuhlala esenza ubulungisa.

4Yena uyawakhanyisela amalungisa; unjengesibane ebumnyameni, kuba unobubele, inceba, nokulunga.

5Unethamsanqa umntu onika ngesisa, lowo ungayiqhubi ngobuqhetseba imicimbi yakhe.

6Ilungisa alisoze ligungqe, laye lingasoze lilibaleke.

7Iindaba ezimbi azilirhwaqelisi; kaloku lomelele, kuba liqamele ngoNdikhoyo.

8Alitatazeli, laye lingenadyudyu, zide zoyisakale iintshaba zalo.

9Lona linezinwe kumahlwempu; liya kuhlala lisenza ubulungisa. Ewe, liyahlonitshwa, futhi linesidima.

10Abangendawo bathi bakuyibona le nto bakhathazeke; bathwal' umlomo bajijitheke bancame. Ewe, iminqweno yabo ayizi nanto.

Iindumiso 113

Ukuncoma ubulungisa bukaNdikhoyo

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Ewe, mbongen' uNdikhoyo, zicaka zakhe; khanityibele nibong' igama likaNdikhoyo.

[2] Bendito seja o Nome do SENHOR, desde agora e para sempre!

[3] Desde o romper da aurora até o pôr-do-sol, louvado seja o Nome do Eterno!

[4] Excelso é o SENHOR, acima de todas as nações, e sua glória, acima dos céus.

[5] Quem é como o Eterno, nosso Deus, que reina nas mais elevadas alturas,

[6] mas se inclina bondosamente para contemplar o que se passa nos céus e na terra?

[7] Ele levanta do pó o necessitado e ergue do lixo o pobre,

[8] a fim de estabelecê-los como príncipes do seu povo.

[9] Oferece uma família à estéril, e dela faz uma feliz mãe de filhos. Aleluia!

[2]Ewe, lelokubongwa lidunyiswe igama likaNdikhoyo, kusukela kalokunje kude kube nini-nini.

[3]Kusukela empuma kude kuye entshonalanga uNdikhoyo makabe ngokhahlelwayo.

[4]UNdikhoyo ungaphaya, uzivelele zonk' izizwe; isihomo sakhe siwakrobel' amazulu.

[5]Yaz'ba singamfanisa nabani n' uNdikhoyo uThixo wethu, umahlal' emalandalahla kweliphezulu?

[6]Ngumagob' umnqonqo alengetyeke, eqwalasel' amazulu nehlabathi.

[7]Amahlwempu uyawaphakamisa, awavuthulul' uthuli; ewe, nabagqub' eluthuthwini uyabaphakamisa.

[8]Batsho bangqendeve ndawonye namatshawe; ewe, babe matwa namatshawe abantu bakhe.

[9]Nomfazi ongaphathiyo umzimasa ngomzi, atsho abe ngunobantwana onemincili. Huntshu-u-u! Bayethe, Mhlekazi!

Salmos 114

O salmista celebra a passagem maravilhosa pelo mar Vermelho e pelo Jordão

[1] Quando Israel deixou o Egito, e a casa de Jacó se retirou do meio de um povo de língua estranha,

[2] Judá tornou-se o santuário de Deus, e Israel, o seu domínio.

[3] À vista disso, o mar fugiu, o Jordão voltou para trás;

[4] os montes saltaram como cabritos, e como carneiros do rebanho, as colinas.

[5] Que tens, ó mar, que assim foges? E tu, Jordão, por que retrocedes?

Iindumiso 114

Umhobe wePasika

[1]Ke kaloku ekuphumeni kwamaSirayeli eJiputa, ewe, ekundulukeni kwendlu kaYakobi kwelasemzini,

[2]uJuda waba libango likaNdikhoyo, ke yena uSirayeli waba luhlanga lwakhe.

[3]Luthe lungabona lwaswantsula ulwandle; kanti ke yona iJordan suka yahlehla.

[4]Iintaba zadloba, zaxel' amankonyana; ke zona iinduli zataka-taka, zaxel' amatakane.

[5]Lwandle, ngani ukuba ubaleke? Jordan, ngani uhlehl' umva nje?

[6] Montes, por que saltais como cabritos? E vós, colinas, como carneiros do rebanho?

[7] Estremece, ó terra, diante do Eterno, na presença do Deus de Jacó!

[8] Que converte as pedras em lago, e o rochedo em manancial de água.

[6]Ngani ukuba zidlob' okwamankonyana iintaba? Kungan' ukub' iinduli zitaka-take okwamatakane?

[7]Ewe, hlabathi, khawurhwaqele, uyeza uNdikhoyo; rhwaqela phambi koThixo kaYakobi,

[8]umajik' ulwalwa luntywil' emanzini, inyengan' impompoz' umthombo.

Salmos 115

A glória do Senhor e a vaidade dos ídolos. Exortação a confiar só em Deus

[1] Não a nós, SENHOR, nenhuma glória a nós, mas, sim, ao teu Nome, por teu amor e por tua fidelidade!

[2] Por que questionam as nações: "Onde está o seu Deus?"

[3] Nosso Deus está nos céus; tudo o que deseja, Ele tem o poder de realizar.

[4] Os ídolos deles são prata e ouro, obras de mãos humanas.

[5] Têm boca, mas não são capazes de falar, olhos mas não podem ver;

[6] têm ouvidos, mas não conseguem ouvir; nariz, mas não possuem olfato.

[7] Suas mãos não apalpam; seus pés não caminham; som nenhum emite sua garganta.

[8] Sejam como eles quem os fabrica e todos os que neles depositam confiança!

[9] Confia no SENHOR, ó Israel! Ele é o seu auxílio e o seu escudo.

[10] Confiai no SENHOR, ó casa de Arão! Ele é o seu socorro e sua proteção.

[11] Vós, que temeis o SENHOR, confiai no SENHOR! Ele é seu amparo e segurança.

Iindumiso 115

UThixo okukuphela kwakhe

[1]Hayi bo! Mayingabi sithi, Ndikhoyo; ewe, makudunyiswe igama lakho, ngenxa yezibele nokunyaniseka kwakho!

[2]Ngani ukuba iintlanga zide zithi: "Uphi na lo Thixo wabo kakade?"

[3]UThixo wethu usemazulwini; yena wenza loo nto ayithandayo.

[4]Kanti ke izithixo zabo ziyisiliva negolide; bazenza ngezandla ngokwabo.

[5]Ewe, zinemilomo nje, azithethi; zinawo amehlo, kodwa ziimfama.

[6]Nakuba zineendlebe, aziva kodwa; zineempumlo, kodwa azikwazi ukusezela.

[7]Ewe, zinezandla ezifileyo; zineenyawo, kodwa azikwazi ukuhamba; imiqala yazo ayikwazi kwenza sandi.

[8]Ew', abenzi bazo bofana nazo, bekwanjalo nabo bonke abaqamela ngazo.

[9]Ke wena, Sirayeli, kholosa ngoNdikhoyo! Uluncedo nomkhuseli wakho.

[10]Nani, ndlu ka-Aron, kholosani ngoNdikhoyo! Uluncedo nomkhuseli wenu.

[11]Nabo bonke abamthobelayo uNdikhoyo mabakholose ngaye! Uluncedo nomkhuseli wabo.

[12] O SENHOR lembra-se de nós; Ele nos abençoará! Derramará suas bênçãos sobre os israelitas, abençoará seus sacerdotes.

[13] Ele abençoa os que temem o SENHOR,tanto pequenos quanto grandes.

[14] O SENHOR vos multiplique bênçãos e mais bênçãos, sobre vós e vossos filhos!

[15] Sede abençoados pelo SENHOR que fez os céus e a terra.

[16] Os céus são os céus do SENHOR, mas a terra, deu-a aos filhos de Adão!

[17] Não estão os mortos a louvar o SENHOR,nem os que descem à região do silêncio.

[18] Mas nós bendiremos o SENHOR, desde agora e para sempre. Aleluia!

Salmos 116

Amor e gratidão para com Deus pela sua salvação

[1] Eu amo o SENHOR, porque Ele ouve minha voz e as minhas orações.

[2] Porque inclinou para mim seu ouvido e, portanto, enquanto eu viver, o invocarei.

[3] Os laços da morte me envolveram e, surpreendido pelas tribulações do inferno, encontrava-me em profunda angústia e tristeza.

[4] Invoquei o Nome do SENHOR: "Ó, SENHOR,liberta-me!"

[5] O SENHOR é benevolente e justo, nosso Deus é misericordioso.

[12]UNdikhoyo wosithamsanqelisa, kuba uyasazelelela; uya kuyithamsanqela indlu kaSirayeli, ayithamsanqele indlu ka-Aron.

[13]Bothamsanqeleka abamthobelayo uNdikhoyo; ewe, nditsho abancinci kwanabakhulu.

[14]Ngamana wanandisa uNdikhoyo, nina kunye nezizukulwana zenu.

[15]Ngamana wanithamsanqela uNdikhoyo ongumenzi wamazulu nehlabathi.

[16]Kambe ke wona amazulu ngakaNdikhoyo; ke lona ihlabathi walabela oonyana babantu.

[17]Abafileyo abamdumisi uNdikhoyo, bengacingi nâbo behlela kwelabathe cwaka.

[18]Kambe ke thina somdumisa uNdikhoyo kusukela ngoku kude kuse ephakadeni. Huntshu-u-u! Sithi: "Bayethe, Mhlekazi!"

Iindumiso 116

Osindisiweyo ekufeni ubonga uThixo

[1] UNdikhoyo ndiyamthanda, kuba uyandiva; uyasabela ndakuzibika kuye.

[2]Njengoko endiphulaphula nje, ndobhenela kuye xa ndisadl' ubomi.

[3]Izabatha zokufa zandibhijela, izoyikiso zelabafileyo zandikhonkxa; latsho laxubayela ndangcungcutheka.

[4]Ke kaloku ndabhenela kuNdikhoyo, ndathi: "Awu, Ndikhoyo, ndiyakubongoza, ndisindise!"

[5]Unesisa kambe uNdikhoyo, ulungile; hayi ke bethu, inceba yoThixo wethu!

[6] O SENHOR cuida das pessoas simples; quando já não tinha mais forças, Ele me salvou.

[7] Volta, minha alma, ao teu repouso, porquanto o SENHOR tem sido generoso para contigo!

[8] Visto que me livraste da morte; das lágrimas, meus olhos, e meus pés, da queda,

[9] andarei na presença do SENHOR, na terra dos vivos.

[10] Conservei a confiança, mesmo quando dizia: “Estou sobremodo aflito”.

[11] Eu dizia em minha consternação: “Ninguém é digno de confiança!”

[12] Como poderei retribuir ao SENHOR todos os seus benefícios para comigo?

[13] Elevarei o cálice da salvação e invocarei o Nome do SENHOR.

[14] Cumprirei meus votos para com o SENHOR na presença de todo o seu povo.

[15] Custa muito ao SENHOR ver morrer seus fiéis.

[16] Ah! SENHOR, bem que sou teu servo. Sim, sou teu servo, filho de tua serva; livraste-me dos meus grilhões.

[17] Eu te oferecerei um sacrifício de ação de graças, invocando o Nome do SENHOR.

[18] Cumprirei meus votos para com o SENHOR,na presença de todo o seu povo,

[19] nos átrios da Casa do SENHOR, no seu interior, ó Jerusalém. Aleluia!

Salmos 117

[6]UNdikhoyo uyabakhusela abaxakiweyo; nam ndandingenamandla wandihlangula.

[7]Musa ukuxhalaba, mphefumlo wam, kuba uNdikhoyo undivelele.

[8]UNdikhoyo undihlangule ekufeni; yena undosule iinyembezi, wandikhusela andakhubeka.

[9]Kungoko ndihamba noNdikhoyo kweli lizwe labaphilayo.

[10]Ndancekelela, ndathemba, nakuba ndandisithi sendivuthulukile.

[11]Ekuncameni ndakhala ndathi: “Abathembekanga kambe abantu.”

[12]Yaz'ba ndingambuyisela ngantoni na uNdikhoyo ngezibele ezingaka andenzele zona?

[13]Ndothatha indebe yosindiso, ndibize igama likaNdikhoyo.

[14]Izithembiso zam ndozifezekisa kuNdikhoyo; ewe, nditsho phambi kwabantu bakhe.

[15]Ayithandeki kambe kuNdikhoyo into yokufa kwabantu bakhe.

[16]Awu, Ndikhoyo, ndisisicaka sakho; ewe, ndingunyana wesicakazana sakho; ndilapha nje ndakhululwa nguwe.

[17]Ndiya kukwenzela idini lombulelo; ewe, ndobiza igama likaNdikhoyo.

[18]Izithembiso zam ndozifezekisa kuye; ewe, nditsho phambi kwabantu bakhe,

[19]enkundleni yendlu kaNdikhoyo, kanye phakathi eJerusalem. Huntshu-u-u! Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 117

Deus é louvado por amor da sua bondade e veracidade

[1] Nações todas, louvai o SENHOR; povos todos, glorificai-o!

[2] Porquanto seu amor nos ultrapassa, e a fidelidade do SENHOR é para toda a eternidade. Aleluia!

Izibongo zikaNdikhoyo

[1]Dandulukani nibong' uNdikhoyo, nonke nina zintlanga! Mtyibeleni nimncome, nonke nina zizwe!

[2]Kaloku izibele zakhe zibalasele ngakuthi; ibe ke uNdikhoyo wohlala enyanisekile kude kuse ephakadeni. Kungoko sisithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Salmos 118

O salmista louva a Deus por o ter livrado de muitos inimigos

[1] Louvai ao SENHOR, porque Ele é bom, porque seu amor permanece para sempre.

[2] Diga Israel: “Seu amor é para sempre!”

[3] Declare a casa de Arão: “Seu amor é para sempre!”

[4] Proclamem todos os que temem o SENHOR: “Seu amor é para sempre!”

[5] Em meio à tribulação invoquei o SENHOR,e o SENHOR me respondeu, pondome a salvo!

[6] O SENHOR está comigo, nada temerei! O que podem me fazer os homens?

[7] O SENHOR está comigo; Ele é meu ajudador. Verei a derrota dos meus adversários!

[8] Melhor é refugiar-se junto ao SENHOR do que depositar qualquer confiança nahumanidade.

[9] Melhor é buscar refúgio no SENHOR do que confiar em príncipes!

[10] Todas as nações se uniram contra mim; mas em Nome do Eterno as rechacei.

Iindumiso 118

Ukubulela ngenxa yobubele bukaThixo

[1]Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; izibele zakhe zohlala zihleli.

[2]Ewe, makatsho uSirayeli athi: “Izibele zakhe soze zitshitshe.”

[3]Ngokunjalo nendlu ka-Aron mayithi: “Ngenene izibele zakhe soze zithini.”

[4]Ewe, abamthobelayo uNdikhoyo mabathi: “Izibele zakhe zifikelela ephakadeni.”

[5]Xa ndandisebunzimeni ndabhenela kuNdikhoyo, waza yena wasabela wandihlangula.

[6]Andinadyudyu, kuba uNdikhoyo ungakum; okokwakhe yena umntu akanakundenza nto konke.

[7]Ngenene uNdikhoyo ungakum, uyandinceda; ngoko ke ndiya kuboyisa abandithiyileyo.

[8]Into ebhetele kukuzimela ngoNdikhoyo, kunokuba uthembele ngomntu.

[9]Kubhetele ukholose ngoNdikhoyo, ndaweni yokukholosa ngamanene.

[10]Ndakha ndarhawulwa ziintlanga, kodwa egameni likaNdikhoyo ndaziqwakanisa.

[11] Cercaram-me por todos os lados, mas em o Nome do SENHOR eu as derrotei.

[12] Cercaram-me como um enxame de abelhas, mas logo se extinguiram como espinheiros secos, em chamas. Em Nome do SENHOR eu as venci!

[13] Com violência me empurraram para me fazer cair, contudo o Eterno me amparou.

[14] O SENHOR é minha força e o meu cântico; Ele é a minha Salvação!

[15] Jubilosos brados de vitória ressoam nas tendas dos justos: "A destra do SENHORrealiza maravilhas!

[16] A mão direita do SENHOR é exaltada! A destra do Eterno age com poder!"

[17] Portanto, não morrerei, mas vivo permanecerei para proclamar as obras do SENHOR.

[18] O SENHOR severamente me castigou, mas não me entregou à morte.

[19] Abri-me as portas da justiça, pois desejo entrar para dar graças ao SENHOR.

[20] Esta é a porta do Eterno, pela qual entrarão os justos.

[21] Eu te exalto, porque me respondeste e foste minha salvação.

[22] A pedra que os construtores rejeitaram tornou-se a pedra angular,

[23] pois assim determinou o Eterno. Maravilhoso é isso para nós!

[24] Este é o dia com que nos presenteou o SENHOR: festejemos e regozijemo-nos nele!

[11]Ewe, zazindirhawule mbombo zone, kodwa ngamandla kaNdikhoyo ndalalisa ugodo.

[12]Wena wakha wagutyungelwa libubu leenyosi? Hayi, zazidangazela njengomlilo wameva, kodwa ngamandla kaNdikhoyo ndaziswantsulisa.

[13]Zazindityhala ndaphantse ndakhahlelwa phantsi, kodwa nalapho uNdikhoyo wandinceda.

[14]Ingoma yam namandla am nguNdikhoyo; ewe kaloku, ndisindiswa nguye.

[15]Nantso intsholo yoloyiso ivakala; kaloku amalungisa ayamemelela, athi: "Ubungangamsha bukaNdikhoyo bugqwesile;

[16]amandla kaNdikhoyo abalasele; ewe, ubungangamsha bukaNdikhoyo bugqwesile!"

[17]Mna andiyi kufa; ndiya kudla ubomi, ndibalise ngezenzo zikaNdikhoyo.

[18]Yena undohlwaye kabukhali; kambe ke akandiyekelanga ekufeni.

[19]Khanindivulele amasango endlu kaThixo, khon' ukuze ndingene ndidumise uNdikhoyo.

[20]Nali isango lokungena kwaNdikhoyo; ngamalungisa odwa angenayo ngalo.

[21]Ndiyabulela kuba undivile; kaloku wena ungumhlanguli wam.

[22]Kaloku ilitye abalidelayo abakhi laba lelona libalulekileyo lesiseko.

[23]Ewe, lo ngumsebenzi kaNdikhoyo; kambe ke thina uyasimangalisa.

[24]Namhla kunamhla, yimini kaNdikhoyo; masizonwabise sibe nemihlali ngayo.

[25] Rogamos a ti, ó SENHOR, salva-nos e faze-nos prosperar.

[26] Bendito seja o que vem em Nome do SENHOR. Da Casa do Eterno nós vos abençoamos!

[27] O SENHOR é Deus, e Ele fez resplandecer sobre nós a sua luz. Trançai as guirlandas da festa até as pontas do altar!

[28] Tu és o meu Deus, eu te louvarei; ó meu Deus, eu te exaltarei!

[29] Louvai ao SENHOR, porque Ele é bom, porque seu amor leal dura eternamente!

[25]Sisindise, siyakubongoza, Ndikhoyo! Awu, siyatarhuzisa, Ndikhoyo; masiphumelele ngawe!

[26]Banoyolo abangena ngegama likaNdikhoyo; siyanithamsanqela thina sisendlwini kaNdikhoyo.

[27]UNdikhoyo nguThixo, usikhanyisele. Yenzani umngcelele wokubulela, niphethe amahlamvu, ningqungqe, nilijikeleze iqonga lamadini.

[28]UnguThixo wam, ndiyakubulela; ubungangamsha bakho, Thixo, ndiya kububhengeza.

[29]Mdumiseni uNdikhoyo, kuba elungile; izibele zakhe zohlala zihleli.

Salmos 119

A excelência da lei do Senhor e a felicidade daquele que a observa

[1] Bem-aventurados aqueles cujos caminhos são íntegros e que vivem de acordo com a Lei do Eterno!

[2] Felizes os que guardam suas prescrições e o buscam de todo o coração;

[3] e, não se entregando à prática de iniquidades, seguem seus caminhos no SENHOR.

[4] Promulgaste teus preceitos, para que sejam observados com diligência.

[5] Tomara se firme minha conduta, para que eu observe teus decretos!

[6] Então, não terei de me envergonhar, se ficar atento a todos os teus mandamentos.

[7] Vou louvar-te com coração reto, ao aprender tuas justas decisões.

Iindumiso 119

Ukulunga nokuthembeka kwemiyalelo kaThixo

[1]Hay' inyhweba yabantu abamsulwa; nditsho abo baziphatha ngokwemiyalelo kaNdikhoyo.

[2]Banoyolo abo bayithobelayo imfundiso kaNdikhoyo, abayilulamelayo ngomxhelo wabo wonke,

[3]abantu abangabenziyo ububi, koko abahamba endleleni kaNdikhoyo.

[4]Kaloku wena, Ndikhoyo, wasinika imimiselo yakho, ukuze siyithobele ngenyameko.

[5]Akwaba bendingachul' ukunyathela, ndiyinonophele imithetho yakho.

[6]Ukuba ndizibambile iziyalo zakho, andisoze ndibhaqwe lihlazo.

[7]Ndakusazi isigwebo sakho esingenagobe, ndiya kukuncoma ngenene nangenyaniso.

[8] Observarei os teus decretos: não me abandones de todo!

[9] Como pode um jovem conservar puro o seu caminho? Vivendo-o de acordo com a tua Palavra.

[10] De todo o coração eu te procurei: não deixes que me afaste de teus mandamentos!

[11] Em meu coração conservei tua promessa para não pecar contra ti.

[12] Bendito sejas, SENHOR! Ensina-me teus decretos!

[13] Com meus lábios tenho enumerado todas as decisões de tua boca.

[14] No caminho de tuas prescrições encontrei alegria, como em grandíssima fortuna.

[15] Em teus preceitos quero meditar, e ficar atento às tuas veredas.

[16] Encontro minhas delícias em teus decretos; não me esqueço de tua Palavra.

[17] Em tua misericórdia acolhe teu servo, para que eu viva e obedeça à tua Palavra!

[18] Abre meus olhos para que veja as maravilhas que resultam de tua Lei.

[19] Sou um peregrino sobre a terra: não ocultes de mim teus mandamentos!

[20] Minha alma se consome, desejando as tuas ordenanças para cada instante.

[21] Ameaçaste os soberbos, os malditos, que de teus mandamentos se desviam.

[22] Livra-me da afronta e do desprezo, pois obedeço às tuas orientações.

[23] Mesmo que os príncipes se assentem para conspirar contra mim, ainda assim o teu servo refletirá sobre os teus decretos.

[8]Mna ndiya kuyithobela imithetho yakho; awu, nceda ungandilahli kuphele.

Ukuthobela ilizwi likaThixo

[9]Lungaziphatha kanjani ulutsha ukuze ihambo yalo ibe nyulu? Ngokuthobela ilizwi lakho.

[10]Ndizimisele ukukulandela ngokupheleleyo; ndincede ndingaze ndizidele iziyalo zakho.

[11]Ndihamba ngokomlomo wakho, khon' ukuze ndingoni.

[12]Awu! Bayethe, Mhlekazi! Khawundifundise imithetho yakho.

[13]Mna ndiya kuzibhengeza zonke izigqibo zakho.

[14]Kum ziluyolo izithethe zakho; zingaphezu kwabo bonke ubutyebi.

[15]Ndiya kucamngca ngemimiselo yakho, ndizinyamekele iindlela zakho.

[16]Ndiyayithakazelela imithetho yakho; soze ndilityeshele ilizwi lakho.

Ukulangazelela isigwebo sikaNdikhoyo

[17]Ndazelele, mna sicaka sakho, ukuze ndibudle ubomi, ndilithobele ilizwi lakho.

[18]Nceda undivule amehlo, ndiziqonde iintsonkotha ezisemyalelweni wakho.

[19]Ndilundwendwe apha emhlabeni; ndicacisele imiqathango yakho.

[20]Umoya wam uhlala wonganyelwe kukulangazelela isigwebo sakho.

[21]Wena uyabakhalimela abaziphakamisayo; baseshweni abanxaxhayo kwiziyalo zakho.

[22]Ndihlambe kwizinyeliso nezigculelo, kuba ndiyayithobela imfundiso yakho.

[23]Nokuba zingade zindibhunge iziphathamandla, mna sicaka sakho ndiya kucamngca ngemithetho yakho.

[24] Tuas ordenanças fazem as minhas delícias, são minhas conselheiras.

[24]Kambe ke andiziva ngezithethe zakho, kuba ziyintonga yam yasekhosi.

Ukunamathela kwimfundiso kaNdikhoyo

[25] Minha alma está abatida até o pó: reanima-me, segundo tua Palavra!

[25]Awu, ndiphelelwe, ndiyimvuthuluka; ndihlaziye ngokwesithembiso sakho.

[26] A ti relatei todas as minhas atitudes, e Tu me respondeste. Ensina-me teus decretos!

[26]Undivile ndakuzandlala; nceda undifundise imithetho yakho.

[27] Faze-me discernir o caminho de teus mandamentos, e meditarei em tuas maravilhas.

[27]Ndifundise amasolotya emimiselo yakho, khon' ukuze ndicamngce ngemimangaliso yakho.

[28] Minha alma se consome na tristeza: reergue-me, segundo a tua Palavra!

[28]Iinzingo ziwuvikivile umoya wam; khawundomeleze ngokwelizwi lakho.

[29] Afasta-me do caminho enganoso, e favorece-me com tua Lei.

[29]Ndihlangule kuyo inkohliso; ewe, ndibabale undifundise imiyalelo yakho.

[30] Escolhi o caminho da felicidade, coloquei diante de mim as tuas decisões!

[30]Ndenze isigqibo sokuba ndinyaniseke; ndizimisele ukusithobela isigwebo sakho.

[31] Mantenho-me apegado às tuas ordenanças: SENHOR, não me deixes passar vergonha!

[31]Ndinamathele kwizithethe zakho, Ndikhoyo, ngoko ke mandingaphoxeki.

[32] Corro pelo caminho de teus mandamentos, pois me alargas o coração.

[32]Ndiya kuhamba ngokwemiqathango yakho, kuba wena uyivulile ingqiqo yam.

Ukucela ingqiqo

[33] SENHOR, indica-me o caminho de teus decretos, e a eles obedecerei até o fim.

[33]Awu, Ndikhoyo, ndifundise imithetho yakho, ukuze ndihlale ndiyithobela maxa onke.

[34] Dá-me entendimento, para que eu observe a tua Lei e a guarde de todo o coração!

[34]Ndivule ingqondo, ndiwuthobele umyalelo wakho; ndiya kuwulandela ngomxhelo wam wonke.

[35] Encaminha-me na senda de teus mandamentos, pois nela encontro meu pleno prazer.

[35]Ndikhokele ngeziyalo zakho, kuba zona ziligugu lam.

[36] Inclina meu coração para os teus estatutos e não para a ganância!

[36]Intliziyo yam mayinxanele imfundiso yakho ndaweni yokusukelana nenzuzo yobuqhophololo.

[37] Desvia meus olhos do fascínio da ilusão, faze-me viver em teu caminho.

[37]Ndincede ndingalibali zizinto eziphuthileyo; mandiphile ngokwenza ukuthanda kwakho.

38 Mantém com teu servo a tua promessa feita aos que te temem!

38Idinga lakho malifezekiswe kum, mna sicaka sakho; kaloku lelâbo bakuthobelayo.

39 Desvia o insulto que me amedronta, pois são boas as tuas ordenanças.

39Ndihlangule ezenyelisweni, kuba ndiyazoyika; ke zona izigqibo zakho zifezekile.

40 Como anseio pelos teus preceitos! Preserva a minha vida, por tua justiça.

40Ewe, andiziva ngemimiselo yakho; ndihlaziye ngobulungisa bakho.

Ukuzinikezela kwimimiselo kaNdikhoyo

41 Venham sobre mim, SENHOR, os dons do teu amor; tua salvação, segundo a tua promessa!

41 Ndikhoyo, ndibonise ububele bakho; mandiluxhamle usindiso ngokwesithembiso sakho.

42 Então terei como responder àqueles que me afrontam, pois confio em tua Palavra.

42Ndiya kuba nako ke ukujongana nabandenyelisayo, kuba ndikholosa ngelizwi lakho.

43 Jamais me tires da boca a palavra da verdade, pois espero em tuas ordenanças!

43Ndincede ndiyithethe inyaniso, kuba ithemba lam zizigqibo zakho.

44 Cumprirei, sem cessar, a tua Lei para todo o sempre.

44Ndohlala ndiwuthobela umyalelo wakho; ewe, kude kube ngunaphakade.

45 Andarei em verdadeira liberdade, porquanto tenho buscado os teus preceitos.

45Mna ndiya kuxhamla inkululeko, kuba ndihamba ngemimiselo yakho.

46 Diante de reis falarei dos teus testemunhos sem ficar envergonhado!

46Izithethe zakho ndozivakalisa nakwizinxiba-mxhaka, kuba kaloku mna andinadyudyu,

47 Encontro todo o prazer em teus mandamentos; eu os amo sinceramente.

47kuba iqhayiya lam ziziyalo zakho – andizithandi ngako, ndiphupha ngazo!

48 Levanto as mãos para teus mandamentos, que muito amo, e meditarei em teus decretos.

48Ndiyayihlonela imiqathango yakho, nditsho leyo ndiyithandayo; ewe, ndicamngca ngemithetho yakho.

Ukukholosa ngeziyalo zikaNdikhoyo

49 Lembra-te da tua Palavra ao teu servo, pela qual me encheste de esperança!

49Ungalilibali idinga lakho kwisicaka sakho. Andithi kaloku wandithembisa!

50 Isto me consola na minha aflição: que tua promessa me vivifica.

50Nasebunzimeni ndiyathuthuzeleka, kuba isithembiso sakho siyandihlaziya.

51 Os arrogantes zombam de mim o tempo todo, mas eu não me desvio da tua Lei.

51Abangakhathalele Thixo baphoxisa ngam; kambe ke mna andihexi emyalelweni wakho.

[52] Lembrei-me, SENHOR, de tuas decisões de outrora, e fiquei consolado.

[53] Arrebatou-me a indignação contra os ímpios que abandonaram tua Lei.

[54] Teus decretos tornaram-se meus cânticos, na casa onde vivo como migrante.

[55] Durante a noite lembro-me do teu Nome, SENHOR, e faço guarda à tua Lei.

[56] Este tem sido meu estilo de vida: obedecer aos teus preceitos!

[57] Tu és minha herança, SENHOR; prometi obedecer à tua Palavra!

[58] De todo o coração suplico o teu favor: sê-me propício, de acordo com a tua promessa!

[59] Refleti sobre os meus caminhos, e volto meus passos para a observância das tuas prescrições!

[60] Apressei-me, sem perder um instante, em observar os teus mandamentos.

[61] Os laços dos ímpios me envolveram, mas não me esqueci de tua Lei.

[62] Levanto-me em plena noite para te louvar, por causa de tuas justas decisões.

[63] Associo-me a todos os que te temem e observam tuas ordenanças.

[64] SENHOR, do teu amor a terra está repleta: ensina-me teus decretos!

[65] Trataste teu servo com extrema bondade, segundo a tua Palavra, SENHOR.

[52]Ndakukhumbula izimiso zakho zantlandlolo, nditsho ndithuthuzeleke, Ndikhoyo.

[53]Ndikhathazeka gqitha ndakubona abanxaxhayo, abo bangawukhathalelanga umyalelo wakho.

[54]Imithetho yakho yingoma yam; ndimemelela ngayo xa ndikwelasemzini.

[55]Ndicinga ngawe noba ndilele, Ndikhoyo; ewe, ndiyayithobela imiyalelo yakho.

[56]Ngenene mna andinakumbi, koko ndithobela imimiselo yakho.

Imimiselo kaNdikhoyo lilifa

[57]Ndathi ke mna: Isabelo sam nguwe, Ndikhoyo; ndiya kulithobela ilizwi lakho.

[58]Awu, velana nam, ndiyakubongoza; ndibabale ngokwesithembiso sakho.

[59]Ndiyiqondile indlela endiziphethe ngayo; ngoko ke ndibuyela kwizithethe zakho.

[60]Sendingxamile, andisayi kulibazisa; ndozithobela iziyalo zakho.

[61]Noba bangandirhintyela abakhohlakeleyo, soze ndiwulibale umyalelo wakho.

[62]Nasezinzulwini zobusuku ndiyavuka; ewe, ndivuka ndikudumise ngenxa yokusulungeka kwesigwebo sakho.

[63]Amaqabane am ngabakuthobelayo, abahamba ngemimiselo yakho.

[64]Ihlabathi liphuphuma izibele zakho, Ndikhoyo; nceda undifundise imithetho yakho.

Ukubaluleka kommiselo kaNdikhoyo

[65] Ndikhoyo, usazelelele isicaka sakho; wenze ngokwesithembiso sakho.

[66] Ensina-me bom senso e entendimento, pois deposito toda a minha confiança em teus mandamentos.

[66]Ndithi jize ngobulumko nokuqonda, kuba mna ndikholosa ngemiqathango yakho.

[67] Antes de ser humilhado, eu andava extraviado, mas agora aprendi a obedecer à tua Palavra!

[67]Phambi kokuba undohlwaye ndandibhadula, kodwa ngoku ndiyalithobela ilizwi lakho.

[68] Tu és bom, e tudo o que fazes é muito bom; ensina-me os teus decretos!

[68]Hay' ukulunga kwakho, uyindlezane! Khawundifundise imithetho yakho.

[69] Os insolentes mancharam o meu nome com calúnias contra mim; mas eu, de todo o coração, obedeço aos teus preceitos.

[69]Izikhohlakali zindityabeka ngobuxoki, kodwa mna ndithobela imimiselo yakho ngomxhelo wam wonke.

[70] O coração deles é absolutamente insensível; eu, contudo, tenho prazer na tua Lei.

[70]Zona zingamagumasholo angachukumisekiyo; ke mna ndithakazelela umyalelo wakho.

[71] Foi bom para mim ter sido castigado, para que aprendesse os teus decretos.

[71]Ewe, tshotsh' undohlwaye, Ndikhoyo, ukuze ndiyifunde imithetho yakho.

[72] A Lei de tua boca vale, para mim, muito mais do que milhões em ouro e prata.

[72]Umyalelo wakho kum ubhetele kunobutyebi, nditsho nkqu nekhipha legolide nesiliva.

Izigqibo zikaNdikhoyo zinobulungisa

[73] As tuas mãos me criaram e me formaram; dá-me entendimento para aprender os teus mandamentos!

[73]Ndinje nje nje ndidalwe nguwe; ndifundise ndiziqonde iziyalo zakho.

[74] Ao me verem, alegram-se os que te temem, pois espero em tua Palavra.

[74]Abakuthobelayo bovuya bakundibona, kuba mna ndikholosa ngamadinga akho.

[75] Reconheço, SENHOR, que tuas decisões são justas; foi com lealdade que me castigaste!

[75]Ndiyakuvuma ukufaneleka kwesigwebo sakho; ewe, Ndikhoyo, undohlwaye ngakhona.

[76] Seja meu consolo o teu amor, segundo a promessa a teu servo.

[76]Ndithuthuzele ngezibele zakho, njengoko wasithembisayo isicaka sakho.

[77] Alcance-me a tua misericórdia para que eu tenha vida, porque a tua Lei é o meu grande prazer!

[77]Velana nam, ukuze ndiphile, kuba iqhayiya lam ngumyalelo wakho.

[78] Sejam humilhados os arrogantes, pois muito me prejudicaram sem motivo; mas eu refletirei nos teus preceitos.

[78]Zona izibhoja mazihlazeke, kuba zindirhintyela ngobuqili; ke mna ndocamngca ngemimiselo yakho.

[79] Venham apoiar-me aqueles que te temem, aqueles que compreendem os teus estatutos!
[80] Que meu coração seja íntegro em teus decretos, para eu não ter de me envergonhar!

[81] Minha alma quase desfaleceu, aguardando tua salvação; espero em tua Palavra.
[82] Meus olhos se consumiam, aguardando tua promessa, e eu me perguntava: “Quando me consolarás?”

[83] Apesar de ser como uma vasilha inútil, não me esqueço dos teus decretos.

[84] Até quando o teu servo deverá aguardar para que castigues os meus perseguidores?

[85] Os insolentes cavaram fossos e construíram armadilhas para mim: eles não respeitam a tua Lei.
[86] Todos os teus mandamentos são fidedignos: ajuda-me contra os que, injustamente, me perseguem!
[87] Por pouco não me eliminaram da terra, eu, porém, não abandonei teus preceitos.
[88] Segundo o teu amor, reanima-me para que eu observe a instrução que procede de tua boca!

[89] Para sempre, SENHOR, está firmada a tua Palavra nos céus.
[90] Tua fidelidade dura de geração em geração: estabeleceste a terra, e ela permanece;
[91] por tuas decisões permanecem até hoje, pois o Universo está a teu serviço.

[79]Mabeze kum bonke abakuthobelayo, abo bayiqondayo imfundiso yakho.

[80]Mandingabi nabala kwimithetho yakho, khon' ukuze ndingahlazeki.

Ukucela ukuhlangulwa

[81] Ndikhoyo, kuncamekile kum, ndisindise! Ithemba lam lilizwi lakho.

[82]Amehlo amnyama kukujong' enkalweni; yaz'ba uya kundithuthuzela nini na?

[83]Andinto yanto, ndigqole oku kwentsuba yewayini esemsini; kambe ke andiyilibalanga imithetho yakho.

[84]Koda kube nini sinyamezele isicaka sakho? Ngani ungabohlwayi nje abanditshutshisayo?

[85]Abanekratshi bayandithiyela, abo bangawuthobeliyo umyalelo wakho.

[86]Imiqathango yakho ithembekile; nceda, nâbo bendibhijela ngobuxoki.

[87]Sebephantse bandicim' igama, kanti ke unotshe ukuba ndiyilahle imimiselo yakho.

[88]Ngenxa yezibele zakho ndihlaziye, ukuze ndihambe ngokwezithethe zakho.

Imiqathango kaNdikhoyo inemfezeko

[89] Ndikhoyo, ilizwi lakho sisimakade; lithe zinzi emazulwini.

[90]Wena uya kuhlala uthembekile; ihlabathi walenza, soze lashukuma.

[91]Izigqibo zakho zohlala zihleli; iinto zonke zikhahlela kuwe.

[92] Se tua Lei não fosse o meu maior prazer, o sofrimento já me teria consumido!
[93] Jamais esquecerei os teus preceitos, pois por eles me fizeste reviver.
[94] Salva-me, pois a ti pertenço e tenho procurado os teus preceitos!
[95] Os ímpios estão à espreita para destruir-me, mas eu estou atento aos teus testemunhos!
[96] Compreendi que toda perfeição tem limite; entretanto, não há limite para a tua Lei, cuja grandeza é infinita!

[97] Quanto amo a tua Lei! Sobre ela reflito o dia inteiro!
[98] Os teus mandamentos me fizeram mais sábio que meus adversários, porquanto estão sempre comigo.
[99] Tornei-me mais perspicaz que todos os meus mestres, pois meditei em tuas prescrições.
[100] Tenho mais discernimento que os anciãos, pois obedeço aos teus preceitos.
[101] Desviei meus pés de todas as trilhas do mal para guardar a tua Palavra!
[102] Não me afasto de tuas ordenanças, pois tu mesmo me ensinas.
[103] Quão doces são os teus decretos ao meu paladar! Mais que o mel à minha boca.
[104] Graças aos teus preceitos tenho entendimento; por isso, detesto todos os caminhos da mentira!

[105] Tua Palavra é lâmpada que ilumina os meus passos e luz que clareia o meu caminho!
[106] Fiz um juramento, e o confirmo: obedecerei às tuas justas ordenanças.

[92]Ukuba bendingawulangazeleli umyalelo wakho ngezindibulele iimbandezelo.
[93]Soze ndiyityeshele imimiselo yakho, kuba ndibufumana kuyo ubomi.
[94]Mna ndingowakho, ndisindise, kuba ndiyayilandela imimiselo yakho.
[95]Abakhohlakeleyo bafuna ukunditshabalalisa; ke mna ndiyayetyisa imfundiso yakho.
[96]Ndiyaqonda ukuba ayikho into efezekileyo; ke yona imiqathango yakho ayinantanga ngemfezeko.

Imfundiso kaNdikhoyo ivul' ingqondo

[97]Ndiyawuthanda kambe umyalelo wakho; ndiphicothana nawo imini yonke.
[98]Iziyalo zakho zendele kum; zindenza ndilumke kuneentshaba zam.
[99]Ndibavelele nabafundisayo, kuba ndizinonelele iimfundiso zakho.
[100]Ngokuqonda nditshatshele nakwabadala, kuba ndiyazithobela izithethe zakho.
[101]Ndiyazicezela iindlela ezinengozi, kuba ndithobela ilizwi lakho.
[102]Andiphambuki kwisigwebo sakho, njengoko wandifundisayo.
[103]Izithembiso zakho zimnandi, ziyanandipheka; ewe, ziyolile kunobusi.
[104]Imfundiso yakho indivul' ingqondo, ngoko ke ndibuthiyil' ubugwenxa.

Ilizwi likaNdikhoyo liyakhanyisa

[105]Ilizwi lakho sisibane sendlela yam; liyandikhanyisela eluhambeni.
[106]Ndizibophelele ngesifungo; ndiya kusithobela isigwebo sakho.

107 Estou extremamente aflito: vivificame, SENHOR, segundo a tua Palavra!

108 Aceita, SENHOR, as ofertas de louvor de minha boca e ensina-me os teus juízos.

109 A minha vida está sempre correndo perigo, mas não me esqueço da tua Lei.

110 Os ímpios armaram-me uma cilada, mas não me desviei de teus preceitos.

111 Tuas prescrições serão sempre minha herança; elas são a grande alegria do meu ser!

112 Inclinei todo o meu coração a cumprir teus decretos para sempre, até o fim.

113 Detesto os inconstantes, mas amo a tua Lei.

114 Tu és o meu abrigo e o meu escudo; e na tua Palavra deposito toda a minha esperança!

115 Afastai-vos de mim, malfeitores! Quero obedecer aos mandamentos do meu Deus!

116 Sustenta-me de acordo com a tua promessa, e eu viverei; não permitas que as minhas esperanças sejam frustradas!

117 Ampara-me, e estarei seguro! Sempre estarei atento aos teus decretos.

118 Repudias todos os que se desviam de teus ensinamentos, porquanto vivem em mentira e falsidade.

119 Reduziste a escória todos os ímpios da terra; por isso amo os teus decretos!

120 Por temor de ti, minha carne estremece, e eu temo as tuas ordenanças.

107 Ndikhoyo, ndixhwaleke ngokungathethekiyo; ndihlaziye ngokwedinga lakho.

108Ndikhoyo, wamkele umbulelo wam, undazise izigqibo zakho.

109Ubomi bam buhlala busesichengeni, kodwa andishenxi kumyalelo wakho.

110Abakhohlakeleyo bayandithiyela, kodwa andiphambuki kwimimiselo yakho.

111Imfundiso yakho lilifa lam nanini na; ewe, iluyolo entliziyweni.

112Ndizimisel' ukuyenza imithetho yakho; ewe, ndoyithobela kude kube sekupheleni.

Iziyalo zikaNdikhoyo ziyakhusela

113Ndibathiyile abantu abambaxa, kodwa ndiyawuthanda umyalelo wakho.

114Wena ulikhaka nekhusi lam; ndiqamele ngelizwi lakho.

115Khanindiyeke, nina bantu bangcolileyo, ndithobele imiqathango yoThixo wam.

116Ndixhase ngokwesithembiso sakho, khon' ukuze ndibudle ubomi; mandingadani kukufadalala kwethemba lam.

117Ndomeleze, khon' ukuze ndisinde, ndihlale ndinonelele imithetho yakho.

118Wena ubachasile abanxaxhayo emithethweni yakho; kona ukundweba kwabo ngamampunge.

119Wena izikhohlakali uzishenxisa njengenkunkuma; ngoko ke ndiyazithanda izithethe zakho.

120Ke mna ndiziva ndikoyika; sona isigwebo sakho siyandirhwaqelisa.

Ukunyamekela iindlela zikaNdikhoyo

[121] Tenho vivido com justiça e retidão; não me abandones nas mãos dos meus adversários!

[122] Garante o bem-estar do teu servo; não permitas que os arrogantes me oprimam.

[123] Os meus olhos fraquejaram, aguardando a tua redenção e o cumprimento da tua promessa de justiça.

[124] Trata, pois, o teu servo, conforme o teu amor leal, e ensina-me os teus decretos.

[125] Sou teu servo: dá-me discernimento, para que eu conheça as tuas prescrições!

[126] Já é tempo de agires, SENHOR, pois a tua Lei está sendo desrespeitada.

[127] Por isso amo teus mandamentos muito mais que o ouro purificado.

[128] Por isso considero totalmente retos todos os teus preceitos e detesto todas as trilhas da falsidade!

[129] Os teus testemunhos são admiráveis; por isso minha alma a eles obedece com alegria.

[130] A exposição das tuas palavras ilumina e dá entendimento aos inexperientes!

[131] Abro a boca e suspiro, ansiando por teus ensinamentos.

[132] Volta-te para mim e tem misericórdia de mim, como sempre fazes aos que amam sinceramente o teu Nome!

[133] Firma meus passos em tua promessa e não permitas que mal algum me domine!

[134] Livra-me da opressão dos homens, para que eu guarde teus preceitos!

[121]Ndizithobele izimiso zakho, andinabala; sukundiyekela ngabo banditshutshisayo.

[122]Ndivelele undilungiselele, mna sicaka sakho; mandingaxhatshazwa zizijama-nkungwini.

[123]Amehlo am selenikezela, ejonge ukusindiswa, nditsho ukufezekiswa kwesithembiso sakho.

[124]Ndazelelele ngokokuphuphuma kwezibele zakho, undifundise imithetho yakho.

[125]Ndingowakho, ndiphe ukuqonda, ukuze ndizazi izithethe zakho.

[126]Ngoku ke kungawe, Ndikhoyo; abantu bawunyathele umyalelo wakho.

[127]Iziyalo zakho ndiyazithanda ngaphezu kwayo negolide yodidi;

[128]kungoko ndiyilandela imimiselo yakho; ke kona ukunxaxha ndikuthiyile.

Imimiselo kaNdikhoyo iyathandeka

[129]Imfundiso yakho ibalulekile; ndoyithobela ngomxhelo wam wonke.

[130]Lithi lakuchazwa ilizwi lakho kutsho kuthi qwenge; abangazi nto libanika ukuqonda.

[131]Ndisuka ndikhefuze ndithe nkebe, kuba ndiyazilangazelela iziyalo zakho.

[132]Khawuze kum undibabale, kakade wenjenjalo kwabakuthandayo.

[133]Khawundisekele ngokwesithembiso sakho, ungandiyekeli ndonganyelwe bububi.

[134]Ndikhulule kwingcinezelo yabantu, ukuze ndiyenze imimiselo yakho.

[135] Que tua face se ilumine sobre o teu servo, e ensina-me os teus decretos!

[136] Meus olhos vertem torrentes de lágrimas por não se guardar a tua Lei.

[137] Justo és, ó SENHOR, e corretas são todas as tuas decisões!

[138] Promulgaste com justiça as tuas prescrições; e com plena fidelidade.

[139] Meu zelo me consome, pois os meus adversários desdenham das tuas palavras.

[140] A tua promessa foi absolutamente comprovada, e, por esse motivo, o teu servo a ama.

[141] Sou insignificante e desprezado, contudo não esqueci teus preceitos.

[142] Tua justiça é justiça eterna, e a tua Lei é a verdade!

[143] Sobrevieram-me angústia e tribulação; todavia teus mandamentos são minha delícia.

[144] As tuas prescrições são justiça eterna: dá-me discernimento para que eu tenha vida!

[145] Clamo de todo coração: respondeme, SENHOR! Quero obedecer a teus decretos.

[146] Clamo a ti: salva-me, para que eu possa observar as tuas prescrições!

[147] Antes da aurora me levanto para suplicar o teu auxílio; em tua Palavra deposito toda a minha esperança!

[148] Fico acordado nas vigílias da noite, a fim de refletir sobre as tuas promessas.

[135]Ndivelele undazelelele, undifundise imithetho yakho.

[136]Ngenxa yabantu abangawuthobeliyo umthetho wakho zitsho ziphalale iinyembezi kum.

Imiyalelo kaNdikhoyo inobulungisa

[137]Hayi kambe ukulunga kwakho, Ndikhoyo! Ewe, isigwebo sakho asinagobe.

[138]Usinika imfundiso enobulungisa; ewe, inolungelelwano, ithe ngqo.

[139]Ikhwele lindongamele ngenxa yeentshaba ezingalikhathalelanga ilizwi lakho.

[140]Izithembiso zakho zivavanyiwe zagqwesa; ke mna ndizixabise gqitha.

[141]Nakuba ndidelekile, ndingazelwa nto, andishenxi kwimimiselo yakho.

[142]Ubulungisa bakho bohlala buhleli, nomyalelo wakho wohlala uthembekile.

[143]Ndiphahlwe ziinzima neenkathazo, kodwa ke mna andiziva ngeziyalo zakho.

[144]Imfundiso yakho iya kuhlala ifezekile; ndiphe ukuqonda, ukuze ndiphile.

Ukutarhuzisa

[145]Yo-o-o! Khawundivelele, Mhlekazi! Ke yona imithetho yakho ndiya kuyithobela.

[146]Ndizibika kuwe, ndikhulule; imfundiso yakho ndoyithobela.

[147]Ndikhala kuwe kusathi qheke ukusa; kaloku ndikholosa ngezwi lakho.

[148]Ndivuk' ezinzulwini zobusuku; ndicamngca ngezithembiso zakho.

[149] Ouve as minhas orações por teu amor leal; ajuda-me a viver, SENHOR, de acordo com as tuas ordenanças.

[150] Aproximam-se esses infames, meus perseguidores, que se afastaram da tua Lei.

[151] Entretanto, tu estás perto de mim, SENHOR,e todos os teus mandamentos são verdadeiros!

[152] De tuas determinações sei, desde muito, que as estabeleceste para sempre!

[153] Vê minha aflição e liberta-me, pois não me esqueci de tua Lei.

[154] Advoga minha causa e defende-me; vivifica-me, segundo a tua promessa!

[155] A salvação está longe dos ímpios, porque eles não buscam os teus decretos.

[156] SENHOR, copiosa é a tua compaixão: vivifica-me, segundo as tuas decisões!

[157] Numerosos são meus perseguidores e adversários, mas não me afastei de tuas prescrições.

[158] Vi traidores da fé e senti desgosto, porque não guardavam a tua promessa.

[159] Vê quanto amo os teus preceitos: vivifica-me, SENHOR, segundo o teu amor!

[160] O princípio de tua Palavra é a verdade, e todas as tuas justas decisões são para sempre.

[161] Príncipes perseguiram-me sem motivo; mas é da tua Palavra que o meu coração sente reverente temor.

[162] Encontrei alegria em tua promessa, como quem encontra grande tesouro.

[149]Ngenxa yezibele zakho, Ndikhoyo, sabela, undihlaziye ngokwesigqibo sakho.

[150]Abandenzela amayelenqe bayasondela, bona abayikhathalelanga imiyalelo yakho.

[151]Kanti ke wena ukufutshane nam, Ndikhoyo, neziyalo zakho zithembekile.

[152]Kwantlandlolo ndizifundile izithethe zakho; zaye ke zona zisisimakade.

Ukuzicelela ukwazelelelwa ebomini

[153]Velana nam, kuba ndibandezelekile, undisindise, kuba andishenxi emyalelweni wakho.

[154]Zabalaza undihlangule; ndihlaziye ngokwesithembiso sakho.

[155]Kwizikhohlakali usindiso luthe qelele, kuba aziyikhathalele imithetho yakho.

[156]Ke wena, Ndikhoyo, unguSozinceba; ndihlaziye ngokwesigqibo sakho.

[157]Zininzi iintshaba nabandibandezelayo, kodwa andishenxi kwimfundiso yakho.

[158]Ndiyakhamnqa ndakubona abangcatshi; kaloku bona abalise so idinga lakho.

[159]Ndiyayithanda kambe imimiselo yakho, Ndikhoyo; ngokwezibele zakho ndazelele ebomini.

[160]Oyena ndoqo wodaba lwakho yinyaniso; xa zizonke izigqibo zakho soze zithini.

Ukuqamela ngommiselo kaNdikhoyo

[161]Iziphathamandla ziyanditshutshisa ngaphandle kwesizathu; ke mna ndiyalihlonipha ilizwi lakho.

[162]Izithembiso zakho ziyandonwabisa; nditsho ndifane nomntu oxhaphaza isisulu.

[163] Detesto e abomino a falsidade, mas amo profundamente a tua Lei.
[164] Louvo-te, sete vezes ao dia, por tuas justas ordenanças.

[165] Grande paz têm os que amam a tua Lei: para eles não há tropeço!

[166] Espero de ti, SENHOR, a salvação, e pratico os teus mandamentos.

[167] A minha alma tem observado as tuas orientações; e amo-as ardentemente.

[168] Obedeço a todos os teus preceitos e testemunhos, pois conheces todos os meus pensamentos!

[169] Que meu clamor chegue à tua presença, SENHOR: concede-me entendimento, de acordo com a tua Palavra!
[170] Que minha súplica chegue à tua presença: livra-me, segundo a tua promessa!

[171] Que meus lábios proclamem teu louvor, pois me ensinas teus decretos.

[172] Cante minha língua tua promessa, pois todos os teus mandamentos são justos.
[173] Venha tua mão em meu socorro, pois escolhi teus preceitos.
[174] Anseio por tua salvação, SENHOR, e tua Lei é meu maior prazer!
[175] Viva minha alma para te louvar, e tuas ordenanças me sustentem.
[176] Eu, como ovelha desgarrada, me desviei e me perdi: vem em busca de teu servo, pois jamais me esqueci dos teus mandamentos!

Salmos 120

[163]Ndibuthiyil' ubutshijolo, bunezothe kum; kanti ke umyalelo wakho ndiyawuthanda.
[164]Lide liye kutshona ndikubulela ngenxa yokulunga kwezigqibo zakho.
[165]Abathobela umyalelo wakho bahlala banelisekile; kaloku akukho nto ingabaphazamisayo.
[166]Ndikhoyo, ndijonge kuwe, ndisindise; kaloku ndizithobele iziyalo zakho.
[167]Imfundiso yakho ndiyilandela ngomoya wam wonke; kaloku andizenzi, ndiyayithanda.

[168]Ndiyayithobela imimiselo nezithethe zakho, kambe ke wena wazi konke ngam.

Ukucela uncedo

[169]Ndiyatarhuzisa; ndive, Nkosi; ndivul' ingqondo ngokwesithembiso sakho.

[170]Ndiyakubongoza, ndiphulaphule; ndihlangule njengoko wathembisayo.
[171]Ndiya kusoloko ndikuncoma, ndikubonga, kuba uyandifundisa imithetho yakho.
[172]Ingoma yam ngamadinga akho; kaloku iziyalo zakho zilungile.
[173]Hlala ulungele ukundinceda; kaloku ndizikhethele imimiselo yakho.
[174]Wowu! Ndiyakulangazelela ukusindiswa! Ndikhoyo, andiziva ngemithetho yakho!
[175]Ndiphe ubomi, ukuze ndikudumise; isigqibo sakho masindixhase.
[176]Ndibhadula njengegusha elahlekileyo. Awu, phuthuma usifune isicaka sakho, kuba andiyilibali imiqathango yakho!

Iindumiso 120

O salmista ora para que seja livre do mentiroso e caluniador

[1] Cântico de peregrinação. Em minha aflição invoquei o SENHOR,e Ele me respondeu.
[2] SENHOR, livra-me dos lábios caluniadores, da língua mentirosa e traiçoeira!
[3] O que te dar em paga, o que te retribuir em dobro, ó língua pérfida?
[4] Contudo, Ele a castigará com as flechas afiadas de um guerreiro, com brasas incandescentes de sândalo.
[5] Infeliz de mim que vivo como forasteiro em Meseque, que habito entre as tendas de Quedar!
[6] Tenho passado tempo demais entre os que odeiam a paz.
[7] Sou um homem de paz; no entanto, ainda que insista em falar de paz, eles preferem engendrar violências e brutalidades.

Ukucela uncedo

Iculo labahambi.

[1]Ndazibika kuNdikhoyo ndixhwalekile; yena wandiva, wasabela.

[2]Ndathi: “Mhlekazi, ndihlangule kumaxoki nakubakhohlisi.”

[3]Nithi makenze ntoni ngani uThixo? Nisalindele ntoni eyenye, maxokindini,

[4]ngaphandle kotolo lwemfazwe olubukhali, ngokunjalo neziko elimalahle avuthayo!

[5]Athi ke mna, mnt' ubhacele kwaMesheki, mna mntu uxhwarhe phakathi kwamaKedare!

[6]Kunini ndihlalele ukungcuchalaza phakathi koompayipheli.

[7]Phi ke, ndisithi nje ndakuthetha, basuke bahlab' umkhosi.

Salmos 121

Deus é guarda fiel do seu povo

[1] Cântico de peregrinação. Levanto meus olhos para os montes e questiono: de onde me virá o socorro?
[2] O socorro virá do meu SENHOR, o Criador dos céus e da terra!
[3] Ele não deixará que teus pés vacilem; não pestaneja Aquele que te guarda.
[4] Certamente não! De maneira alguma cochila nem dormita o guarda de Israel.
[5] O Eterno é o teu protetor diuturno; como sombra que te guarda, Ele está à tua direita.
[6] Não te molestará o sol, durante o dia, nem de noite, a lua.

Iindumiso 121

UNdikhoyo umalusi wethu

Iculo labahambi.

[1]Amehlo am ndiwajongis' enkalweni; yaz'ba lovela ngaphi na uncedo lwam?

[2]Umncedi wam nguNdikhoyo, yena ungumenzi wamazulu nehlabathi.

[3]Yena wondibamba lungatyibiliki unyawo lwam; kaloku akozeli, walusa mna.

[4]Khangela, umalusi kaSirayeli akozeli, engalali nokulala oku.

[5]Kaloku nguNdikhoyo okwalusayo – nguye okwenzela umthunzi.

[6]Emini ilanga aliyi kukugqatsa; kanti ke nenyanga ebusuku ayinakukwenza nto.

[7] O SENHOR te guardará de todo o mal, Ele protegerá a tua vida!

[8] Estarás sob a proteção do SENHOR, ao saíres e ao voltares, desde agora e para todo o sempre!

Salmos 122

Oração para que a paz de Jerusalém continue

[1] Cântico davídico, de peregrinação. Alegrei-me quando me convidaram: "Vamos à Casa do Senhor".

[2] Eis que nossos pés chegaram às tuas portas, ó Jerusalém!

[3] Cidade construída em bases sólidas, edificada para unir

[4] todas as tribos do Eterno, em grande celebração de ação de graças ao Nome do SENHOR, conforme o mandamento dado a Israel.

[5] Lá estão os tribunais de justiça, a sede da casa real de Davi.

[6] Rogai ao Eterno pela paz de Jerusalém: "Prosperem os que te amam, ó Jerusalém!

[7] Haja paz dentro das tuas muralhas e segurança em teus palácios."

[8] Em favor dos meus irmãos e companheiros, suplicarei: "A paz esteja contigo!"

[9] Por amor à Casa do Eterno, nosso Deus, buscarei sempre o teu bem.

Salmos 123

A oração do crente desprezado

[7]NguNdikhoyo ixhadi lakho lakubhek' umoya; ewe, uya kukwalusa ungachukunyiswa nto.

[8]Ngenene, uNdikhoyo uya kukwalusa, xa uhambayo naxa ubuyayo, kuqalela ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 122

Izibongo zeJerusalem

Iculo likaDavide; lelabahambi.

[1]Hay' imincili endaba nayo basakuthi kum: "Masihambe siye endlwini kaNdikhoyo."

[2]Naku ke ngoku iinyawo zethu zime bhuxe ngaphakathi kwamasango akho, Jerusalem.

[3]Ke kaloku iJerusalem yingxikela yesixeko esakhiwe sabandakanywa saba sinye.

[4]Kulapho zityelela khona izizwe; nditsho izizwe zikaNdikhoyo. Kaloku lowo yaba ngummiselo kumaSirayeli ukuba aye kudomboza abulele uNdikhoyo.

[5]Apha kulapho zikhoyo iinkundla; nditsho iinkundla zendlu kaDavide.

[6]Thandazani kubekho inzolo eJerusalem, nithi: "Makube yinkqubela kwabakuthandayo, Jerusalem;

[7]kuwe makube chosi, kube hele, ukhuseleke umzi wakho jikelele."

[8]Ngenxa yezihlobo nabalingane bam nangoku ndithi: "Makube chosi, kube hele!"

[9]Kanti ke nangenxa yendlu kaNdikhoyo uThixo wethu ndiya kuzabalaza ndikufunela intlala-kahle.

Iindumiso 123

Ukutarhuzisa

Iculo labahambi.

[1] Cântico de peregrinação. Ergo meus olhos em tua direção, a ti que habitas nos céus.
[2] Como os olhos dos servos estão atentos à mão de seus senhores, e os olhos da criada, à mão de sua senhora, assim nossos olhos estão voltados para o SENHOR,nosso Deus, até que Ele expresse sua misericórdia para conosco.
[3] Piedade, SENHOR! Tem compaixão de nós! Porquanto estamos cansados de tanto desprezo.

[4] Estamos fartos de tanta zombaria dos soberbos e da humilhação dos arrogantes!

[1] Ndikhoyo, ndikhangela kuwe, wena ohlala emazulwini.
[2]Kaloku namaphakathi ajonga izinwe zenkosi yawo, nanjengokuba namaphakathikazi elindele izinwe kwinkosazana. Nathi ke senjenjalo ukukhangela kuwe, Ndikhoyo Thixo wethu, ude wena usenzele inceba.
[3]Awu, Ndikhoyo, sikwa yimfesane; velana nathi, siyakubongoza! Koda kube nini sisisigculelo?
[4]Ewe, kudala sinyamezele, sigxijwa ngabazingcayo, sidodotyaliswa ngabacinezeli abanekratshi.

Salmos 124

Só Deus pode livrar o seu povo

[1] Um cântico davídico de peregrinação. Se o SENHOR não estivesse do nosso lado, que Israel o repita:
[2] Se o SENHOR não estivesse do nosso lado, quando os inimigos nos atacaram,
[3] eles já nos teriam devorado vivos, quando se enfureceram contra nós.
[4] Então, as águas nos teriam arrastado e furiosas torrentes teriam feito submergir nossas almas.
[5] Sim, águas profundas e violentas nos teriam afogado!
[6] Bendito seja o SENHOR, que não nos entregou para sermos dilacerados pelas presas e garras ferinas do inimigo.
[7] Como um pássaro, escapamos da cilada do caçador; a armadilha foi destruída e ficamos livres!
[8] O nosso socorro está em o Nome do Eterno criador do céu e da terra.

Iindumiso 124

UThixo uyayisindisa imilowo yakhe

Iculo likaDavide; lelabahambi.

[1]USirayeli makatsho athi: “Ukuba uNdikhoyo ebengekho ngakuthi,

[2]ewe, ukuba besingaxhaswa nguNdikhoyo ekuhlaselweni kwethu lutshaba,
[3]ngelusiginye sihleli ngokuya lwaluvutha ngumsindo.

[4]Ngezasitshayela iimpuphuma; ewe, umsinga ngewawusirhaxile.

[5]Ngesantywiliselwa, satshona lè, kuloo manzi alatyuzayo.”
[6]UNdikhoyo ngowokubongwa, kuba yena akasiyekelanga saba ngamaxhoba okuqwengwa.

[7]Thina siphuncule njengentak' esigwini; ewe, isigu saphukile, sasinda ke thina.

[8]Uncedo lwethu luvela kuNdikhoyo ongumdali wamazulu nehlabathi.

Salmos 125

A segurança daquele que confia em Deus

[1] Cântico de peregrinação. Todos aqueles que depositam absoluta fé no Eterno são inabaláveis como o monte Sião.

[2] Assim como um colar de montanhas que cerca Jerusalém, a proteção do SENHORenvolve seu povo eternamente.

[3] O cetro dos ímpios não prevalecerá sobre a terra concedida aos justos; se assim fosse, até mesmo os justos se entregariam à prática da impiedade.

[4] Sê misericordioso, SENHOR, com os bons, com todas as pessoas de coração íntegro!

[5] Mas aos que se desviam por caminhos inescrupulosos, que o SENHOR os expulse da sua presença juntamente com todos os ímpios. E que haja paz sobre Israel!

Salmos 126

Deus é louvado porque retirou do cativeiro o seu povo

[1] Um cântico de peregrinação. Quando o SENHOR trouxe novamente restauração a Sião, nos sentimos como num sonho!

[2] Então, se nos encheu de riso a boca, e a nossa língua de alegres expressões de louvor. Até nas outras nações se comentava: “O Eterno fez maravilhas por esse povo!”

[3] Sim, realizações grandiosas fez o SENHOR por nós, por esse motivo estamos felizes!

[4] SENHOR, traze os nossos cativos de volta, assim como enches o leito dos ribeiros no deserto do Neguebe.

Iindumiso 125

Ukhuseleko lwemilowo yakwaThixo

Iculo labahambi.

[1]Abo bakholosa ngoNdikhoyo banjengentaba iZiyon, yona ingasoze yashukunyiswa koko izinzile ngonaphakade.

[2]Kwanjengokuba iintaba ziyingqongile iJerusalem noNdikhoyo wenjenjalo ukubaphahla abantu bakhe, nangoku kude kube ngunaphakade.

[3]Izikhohlakali soze zilawule elizweni lamalungisa, hleze namalungisa asuke enze ububi.

[4]Awu, Ndikhoyo, walungiselele amalungisa, abo bantliziyo zingaphambukiyo.

[5]Kodwa ke bona abaphambukayo babandakanye nezikhohlakali, Ndikhoyo. Makube chosi, kube hele kwaSirayeli!

Iindumiso 126

Ukucel' ibuyambo

Iculo labahambi.

[1]Ekusibuyiseleni kukaNdikhoyo eZiyon, ngokuya sasiphuma ekuthinjweni, kwasuka kwaba ngathi liphupha.

[2]Safumana sagigitheka yintsini, kwayintswahla yemincili novuyo. Zade zatsho nezizwe zathi: “Ngenene uNdikhoyo ubenzele izinto ezinkulu.”

[3]UNdikhoyo usincede kakhulu, ngoko ke siyavuya.

[4]Khawusibuyisele inkqubela, Ndikhoyo, njengamanzi empompoz' entlango.

5 Os que em lágrimas semeiam, em júbilo ceifarão!

6 Aquele que parte chorando, enquanto lança a semente, retornará entoando cânticos de louvor, trazendo seus feixes.

5Abo bahlwayela behlininika besezinyembezini banga bangavuna bebobotheka yimincili.

6Abo baphuma bahambe bezibambe ngeenkophe, bepheth' imbewu, besiya kuhlwayela, bobuya bedanduluka, bememelela ngemincili. Kaloku bobuya besikaza, bethwel' isivuno.

Salmos 127

Segurança, prosperidade e fecundidade vêm somente de Deus

1 Cântico de peregrinação. De Salomão. A não ser que o Eterno edifique a Casa, trabalham em vão os que desejam construí-la. Se o SENHORnão proteger a cidade, inútil será a sentinela montar guarda.

2 Os obstinados que retardam seu sono até alta noite, acordam antes do amanhecer e idolatram o trabalho, não alcançarão os bens que o Eterno concede aos que o amam, mesmo quando estes estão repousando.

3 Quanto a seus filhos, eles são herança do SENHOR: o fruto do ventre é um presente de Deus.

4 Como flechas na mão do guerreiro são os filhos nascidos na sua juventude.

5 Bem-aventurado o homem cuja aljava deles está repleta! Será respeitado até mesmo por seus inimigos quando pleitear com eles junto às portas da cidade.

Iindumiso 127

Ukuncoma izibele zikaNdikhoyo

Iculo likaSolmon; lelabahambi.

1Ukuba uNdikhoyo akayakhi indlu, bafumana bebulaleka abayakhayo. Ukuba asaluswa nguNdikhoyo isixeko, ancam' ubuthongo ngelize amajoni alindayo.

2Ngamampunge ukuzabalaza uzam' ukuzixhasa, uvuka ngentseni, ulal' ezinzulwini, ungumaphila-kukuzenzela. Kaloku uNdikhoyo uyabaxhasa abakhe; ewe, yena ubaxhasa belele.

3Uyabona ke, oonyana lilifa elivela kuNdikhoyo; ngenene, abantwana sisipho esivela kuye.

4Oonyana bendodana bafana neentolo elixhobe ngazo ijoni.

5Hay' ukuzimaseka kwendoda enesiphampa sazo! Ayisoze yadeleka mpela, naxa ixambulisana neentshaba enkundleni.

Salmos 128

Aquele que teme a Deus será abençoado na sua família

1 Um cântico de peregrinação. Bem-aventurado aquele que teme ao SENHOR e busca andar em seus caminhos!

Iindumiso 128

Inyhweba yabathobela uNdikhoyo

Iculo labahambi.

1Hay' inyhweba yomntu omthobelayo uNdikhoyo, ohamba ngokwemimiselo yakhe.

2 Comerás do fruto do teu trabalho, serás feliz e próspero.

3 Tua esposa será como videira frutífera em tua casa; teus filhos serão como brotos de oliveira ao redor de tua mesa.

4 Eis como será abençoada a pessoa que teme o SENHOR!

5 Que o SENHOR te abençoe desde Sião, para que contemples a prosperidade de Jerusalém todos os dias de tua vida.

6 Que alcances a felicidade dos filhos de teus filhos, e vejas a paz sobre Israel!

2 Onjalo uyazibona iziqhamo zemisebenzi yakhe; uhlala ngokonwaba enenkqubela.

3 Inkosikazi yakhe ifana nomdiliya oyokozelayo, omi ngasendlwini; abantwana bakhe bafana nezithole zomnquma ezingqonge isithebe sakhe.

4 Ewe, ngenene unenyhweba umntu omthobelayo uNdikhoyo.

5 Ngamana waphokoza amathamsanqa eseZiyon uNdikhoyo, ke wena uyibone inkqubela yeJerusalem ngayo yonke imihla yobomi bakho,

6 ukhule ude ukhokhobe. Makube chosi, kube hele kwaSirayeli!

Salmos 129

A igreja é perseguida, mas não destruída

1 Um cântico de peregrinação. Desde a minha juventude, muitas vezes fui oprimido; Israel que o diga!

2 Muito me angustiaram desde a minha mocidade, contudo não prevaleceram contra mim.

3 Sobre as minhas costas passaram o arado, e em minha alma calcaram longos sulcos.

4 O SENHOR é justo! Ele me libertou das algemas dos ímpios.

5 Sejam envergonhados e recuem todos os que detestam Sião!

6 Sejam como o capim que brota nas lajes das casas e seca antes de crescer,

7 que não completa um punhado na mão do ceifeiro, nem uma braça para aquele que amarra os feixes.

Iindumiso 129

Ukucela ukuhlangulwa

Iculo labahambi.

1 USirayeli makabalise athi: “Iintshaba zandihlasela kwandiseyimveku.

2 Ewe, zanditshutshisa kwandiselula, kodwa zange zindongamele.

3 Zandixobula umqolo, ndangathi bendilinywa.

4 Kambe ke yena uNdikhoyo ulilungisa; undikhulule kwiimbophelelo zabakhohlakeleyo.”

5 Bonke abayithiyileyo iZiyon mababuye bephoxekile.

6 Mabafane nengca entshula phezu kwendlu, yona idodobalayo ingakhuli.

7 Ayide isikwe nokusikwa; futhi ayiqokelelwa ibe zizipha.

[8] E ninguém declare ao passar: “A bênção do SENHOR esteja convosco. Nós vos abençoamos em Nome do SENHOR!”.

[8]Nabadlulayo abatsho nokutsho ukuthi: “UNdikhoyo makanithamsanqele; thina siyanithamsanqelisa egameni likaNdikhoyo!”

Salmos 130

Confissão de pecado e esperança de perdão

[1] Cântico de peregrinação. Das profundezas clamo a ti, ó Eterno;

[2] Senhor, ouve a minha voz; teus ouvidos estejam atentos ao clamor das minhas súplicas!

[3] Se mantivesses diante de ti a imagem viva de todas as nossas iniquidades, quem se livraria da condenação eterna?

[4] Contudo, em ti está o perdão, pelo que és reverenciado!

[5] Aguardo no SENHOR, espero com toda a minha alma e tenho certeza quanto à sua Palavra.

[6] Todo o meu ser espera no SENHOR, mais que as sentinelas pelo romper da alvorada.

[7] Israel, deposita toda a tua esperança no SENHOR! Pois no Eterno há misericórdia sem fim, e com Ele vem plena redenção.

[8] Ele pessoalmente redimirá Israel de todos os seus pecados!

Iindumiso 130

Ukukhululwa esonweni

Iculo labahambi.

[1] Ndikhoyo, ndiyazibika kuwe; ndikhala kuwe ndibindekile.

[2]Awu, Nkosi, ndive ndiyakuthandaza, usiphulaphule isikhungo sam.

[3]Ukuba ubuzigcina izono zabantu, Ndikhoyo, ngubani obengasindayo?

[4]Kambe ke wena uyaxolela, khon' ukuze uhlonitshwe.

[5]Ndithembele ngokupheleleyo kuNdikhoyo; ewe, ndikholosa ngelizwi lakhe.

[6]Umoya wam ukholosa ngoNdikhoyo ngenzondelelo, ngaphezu komlindi ojonge ukusa, nangaphezu komantshingilane ojong' umsobomvu.

[7]Sirayeli, thembela kuNdikhoyo, kuba yena unobubele, futhi yena ukhulula ngokupheleleyo.

[8]Ewe, yena uya kumkhulula uSirayeli kuzo zonke izono zakhe.

Salmos 131

A humildade do salmista

[1] Cântico de peregrinação. De Davi. SENHOR, o meu coração não é arrogante, e os meus olhos não vêem com soberba. Não há em meu ser a pretensão de explicar todos os mistérios.

Iindumiso 131

Isikhungo sentobeko

Iculo likaDavide; lelabahambi.

[1]Awu, Ndikhoyo, mna andizigwagwisi; ngokunjalo mna andiziphakamisi. Kaloku andizixakekisi ngemicimbi ephakamileyo kunokuba ndinjalo mna.

[2] De fato, acalmei e aquietei os meus sentimentos. Como uma criança satisfeita está para sua mãe, assim a minha alma está para todo o meu ser.
[3] Israel, deposita toda a tua fé no SENHOR.Espera tranquilo e confiante, desde agora e para sempre!

Salmos 132

O zelo de Davi pelo templo e pela arca. As promessas feitas por Deus

[1] Um cântico de peregrinação. SENHOR, lembra-te a favor de Davi, de todas as suas provações.

[2] Como fez votos solenes e juramentos ao Eterno, o Poderoso de Jacó, declarando:

[3] “Não entrarei na minha tenda e não me deitarei no meu leito;
[4] não permitirei que meus olhos conciliem o sono nem que minhas pálpebras repousem,
[5] enquanto não encontrar um lugar para o SENHOR, uma habitação para o Poderoso de Jacó”.
[6] Ouvimos falar que a arca poderia ser encontrada em Efrata, mas a encontramos nos campos de Jaar:
[7] “Entremos na sua habitação! Vinde e adoremos ao Senhor diante do estrado de seus pés!

[8] Levanta-te, ó SENHOR, e vem para o teu lugar de repouso, tu e a arca onde resplandece a tua Glória!

[9] Vistam-se de justiça os teus sacerdotes, e rejubilem-se com cânticos de louvor os teus fiéis!”

[2]Kodwa ndanelisekile, ndaye ndixolile. Ndinjengosana oluthe cwaka ezingalweni zikanina; ngenene umoya wam uphuphuma ukwanela.

[3]Sirayeli, khawuthembele kuNdikhoyo, kususela ngoku kude kube nini-nini.

Iindumiso 132

Umhobe wendlu kaThixo

Iculo labahambi.

[1]Awu, Ndikhoyo, mkhumbule uDavide ngawo onke amasuka-ndihlale akhe,

[2]nesifungo awakwenzela sona, Ndikhoyo, eso akuthembise ngaso, Ngangalala yakwaYakobi.
[3]Wathi: “Andisayi kugoduka, ndingasayi kulala,
[4]ngenene andisoze ndiwavale amehlo, ndingasoze ndibuthurhe ubuthongo,

[5]ndingamakhelanga umzi uNdikhoyo, nditsho ikhaya lengangalala kaYakobi.”

[6]Ewe, seva ngaloo mnqophiso e-Efrata, sagagana nawo kumathafa aseYeharim, sathi:

[7]“Masiye kuye ebhotwe; masiye kumnqula simkhahlele.”

[8]Ndikhoyo, khawuye endaweni yakho yokuphumla, wena ndawonye netyesi yomnqophiso; nditsho leyo ingumqondiso wamandla akho.

[9]Ababingeleli mabavathe ubulungisa, abantu bakho batsholoze ngovuyo.

[10] Por amor ao teu servo Davi, não rejeites o teu ungido.

[11] O SENHOR determinou uma promessa a Davi, um juramento firme que Ele não revogará jamais: “Estabelecerei um dos teus descendentes no teu trono.

[12] Se os teus filhos guardarem a minha aliança e as prescrições que Eu lhes ensino, também os filhos deles se assentarão no teu trono por toda a eternidade!”

[13] Pois o SENHOR escolheu Sião com a vontade de constituí-la sua morada:

[14] “Este será sempre o lugar do meu repouso, ali residirei, porque assim Eu o desejei.

[15] Abençoarei copiosamente suas provisões e de pão saciarei seus pobres.

[16] Vestirei de salvação os seus sacerdotes, e seus fiéis a celebrarão com grande júbilo!

[17] Lá eu promoverei o renascimento do vigor de Davi e farei resplandecer a Luz do meu Ungido.

[18] Cobrirei de ignomínia os seus inimigos, mas sobre Ele florescerá a sua coroa!”

Salmos 133

A excelência do amor fraternal

[1] Cântico davídico de peregrinação. Como é feliz e agradável observar quando os irmãos vivem em fraternidade!

[2] É como um bálsamo precioso derramado sobre a cabeça, que desce pela barba como se fosse a barba de Arão, até a gola de suas vestes sacerdotais.

[10]Ngenxa yesicaka sakho uDavide ungamfulatheli umthanjiswa wakho.

[11]Kaloku, Ndikhoyo, wamenzela isifungo uDavide, futhi ke soze usijike, usithi: “Omnye koonyana besinqe sakho ndiya kumthambisa abe ngukumkani, angene esikhundleni sakho.

[12]Ukuba ke bathe bawugcina umnqophiso lo oonyana bakho, kwanemimiselo endibafundisa yona, noonyana babo bolawula, bachophe esikhundleni sakho ngonaphakade.”

[13]Kaloku uNdikhoyo uyinyule iZiyon; uyikhethele ukuba ibe likhaya lakhe, esithi:

[14]“Eli likhaya lam lokuphumla naphakade; ndiya kuma apha ngokomnqweno wam.

[15]Ndiya kuyithi jize ngentabalala yendyebo; abahlelelekileyo ndiya kubondla.

[16]Ababingeleli bovatha usindiso, abantu bam batsholoze ngemihlali.

[17]Kuya kuvela omnye kubazukulwana bakaDavide; ndiya kuwugcina umlibo womthanjiswa wam.

[18]Iintshaba zakhe ndozigalela ngehlazo; ke olwakhe ulawulo loba nesidima nenkqubela.”

Iindumiso 133

Ukuhlala kwezalamane ngemvano

Iculo likaDavide; lelabahambi.

[1]Khawukhangele ukubukeka nomkhitha wokuhlala kwezalamane ngemvano!

[2]Kunjengesiqholo esigalelwe entloko, esihla ngeendevu zika-Aron, side sithi xhaxhe ngomphetho wengubo yakhe.

[3] É como o orvalho do Hermom quando desce sobre os montes de Sião. Porquanto ali o SENHOR oferece a sua bênção: vida para hoje e por toda a eternidade!

[3]Kufana nombethe entabeni iHermon, lowo ulala kwiinduli zeZiyon. Kulapho uNdikhoyo awafumbe khona amathamsanqa nobomi obungaphele ndawo.

Salmos 134

Exortação a bendizer o Senhor

[1] Um cântico de peregrinação. Vinde, bendizei o SENHOR vós todos, servos do SENHOR que permaneceis servindo durante a noite, na casa do SENHOR!

[2] Erguei vossas mãos para o santuário e bendizei o SENHOR!

[3] De Sião te abençoe o SENHOR, que fez o céu e a terra!

Iindumiso 134

Umhobe wangokuhlwa

Iculo labahambi.

[1]Yizani nimbonge nimncome uNdikhoyo, nonke nina zicaka zakhe, nina nonke nima bume ebusuku, nisebenza endlwini kaNdikhoyo.

[2]Ziphakamiseleni esibingelelweni izandla zenu, nimbonge nimncome uNdikhoyo.

[3]UNdikhoyo, umenzi wamazulu nehlabathi, wanga angakuthamsanqela eseZiyon.

Salmos 135

Deus é louvado pela sua bondade, poder e justiça. A vaidade dos ídolos

[1] Aleluia! Louvai o Nome do Eterno, louvai-o, servos do SENHOR,

[2] que permaneceis na Casa do SENHOR,nos átrios da casa de nosso Deus!

[3] Aleluia! O SENHOR é bom: cantai louvores ao seu Nome, que é amável!

[4] Pois o SENHOR escolheu Jacó para si, Israel, por sua propriedade.

[5] Pois eu sei: O SENHOR é grande, o Senhor supera todos os deuses.

[6] Tudo quanto aprouve ao SENHOR, nos céus e na terra, nos mares e em todas as profundezas, Ele o fez!

Iindumiso 135

Elokudumisa

[1]Huntshu-u-u! Khanityibele nimbonge uNdikhoyo; ewe, lidumisen' igama likaNdikhoyo! Zicaka zakhe, khahlelani nidumisa uNdikhoyo;

[2]nditsho nina nitabhata endlwini kaNdikhoyo, nasenkundleni yomzi woThixo wethu.

[3]Mdumiseni, kuba uNdikhoyo yindlel' enqwelo ngokulunga; memelelani nimdumise, kuba kuluyolo ukwenjenjalo.

[4]Andithi kaloku uNdikhoyo wazinyulela uYakobi! Ewe, wazikhethela uSirayeli wangowakhe ncakasana!

[5]Ndiyaqonda ukuba uNdikhoyo ubavelele, ewe, ubakrobele bonke abanye oothixo.

[6]Kaloku uNdikhoyo wenza ngokubona kwakhe – nditsho emazulwini

nasemhlabeni, kwiilwandle nakwiinzongo-nzongo zeenzulu.

[7] Ele, que dos confins da terra faz subir as nuvens, fez os raios para a chuva, e tira de seus antros a ventania.

[7]Ngumavus' iingqimba zamafu eziphelweni zehlabathi, ulokhaph' imvula ngemibane elenyayo, aze akhuph' isaqhwithi ngendlu yaso.

[8] Feriu os primogênitos do Egito, desde o homem até o gado.

[8]Kaloku nguye owabhubhisa amazibulo eJiputa; ewe, wageqa awabantu nawezilwanyana.

[9] O Senhor realizou, em pleno Egito, sinais e prodígios contra o faraó e todos os seus sábios!

[9]Kanye phakathi kwelaseJiputa wenza imiqondiso nemimangaliso, wamohlwaya ukumkani nezicaka zakhe.

[10] Feriu numerosas nações, e a reis poderosos tirou a vida:

[10]Wazingenela izizwe, kwajub' ugodo, wabageqa ookumkani abaziwayo.

[11] Seom, rei dos amorreus, Ogue, rei de Basã e todos os reinos de Canaã;

[11]Nditsho ooSihon ukumkani wama-Amori, noo-Ogi ukumkani waseBhashan, nazo zonke izikumkani zaseKanana.

[12] e deu a terra deles como despojos, em herança a Israel, seu povo.

[12]Umhlaba wazo wona wawohlutha, waza waba lilifa labantu bakhe amaSirayeli.

[13] SENHOR, teu Nome dura para sempre, e tua lembrança, SENHOR, de geração em geração!

[13]Igama lakho, Ndikhoyo, lohlala ngonaphakade; udumo lwakho lovakala kwizizukulwana ngezizukulwana.

[14] O SENHOR defenderá seu povo, e terá compaixão dos seus servos.

[14]Kaloku uNdikhoyo uya kubalungiselela abantu bakhe, avelane nazo izicaka zakhe.

[15] Os ídolos pagãos são prata e ouro, obra de mãos humanas:

[15]Oothixo beentlanga benziwe ngegolide nesiliva; basisiqhamo sobuchule bezandla zomntu.

[16] Têm boca, mas não podem falar, olhos, mas não conseguem ver;

[16]Benemilomo nje, abakwazi ukuthetha; banawo namehlo, kodwa ababoni.

[17] têm ouvidos, mas são incapazes de ouvir, nem mesmo qualquer alento de vida há em seus corpos.

[17]Nakuba beneendlebe nje, bazizithulu; baziziduli ezingenawo nomphefumlo.

[18] Tornem-se, portanto, como eles, aqueles que os fazem e todos os que neles confiam!

[18]Bakwafana nazo abenzi bazo, nabo bonke abakholosa ngazo.

[19] Casa de Israel, bendizei ao SENHOR; Casa de Arão, bendizei ao SENHOR!

[19]Khanidume nibonge uNdikhoyo, ndlu kaSirayeli, nani ndlu ka-Aron, mbongen' uNdikhoyo.

[20] Casa de Levi, bendizei ao SENHOR! Vós, que temeis ao SENHOR, bendizei ao SENHOR.

[21] Desde Sião, bendito seja o SENHOR que habita em Jerusalém! Aleluia!

[20]NabaLevi mabakhahlele bebonga uNdikhoyo, nabamthobelayo uNdikhoyo mababonge bade babongisele.

[21]Izibongo mazihlokome, ziphuma eZiyon, zidumisa uNdikhoyo okhaya liseJerusalem. Awu! Sitsho sonke, sithi: "Bayethe, Mhlekazi!"

Salmos 136

Deus é louvado por suas obras e por sua permanente benignidade

[1] Rendei graças ao SENHOR porque Ele é bom, porquanto seu amor leal dura para sempre.

[2] Louvai ao Deus dos deuses, porque a sua misericórdia dura para sempre.

[3] Dai graças ao SENHOR dos senhores, pois o seu amor dura eternamente!

[4] Ao único que realiza grandes maravilhas. A sua misericórdia é perpétua:

[5] fez os céus com sabedoria, porque seu amor é para sempre,

[6] firmou a terra sobre as águas, porque seu amor é para sempre.

[7] Fez grandes luminares: porque seu amor leal é para sempre,

[8] o sol, para presidir o dia, porque seu amor é para sempre,

[9] a lua e as estrelas, para comandarem a noite, porque o seu amor é para sempre.

[10] Feriu o Egito nos seus primogênitos, porque seu amor justo é para sempre,

[11] libertou Israel do meio deles, porque seu amor é para sempre,

Iindumiso 136

Elokubulela

[1]Bulelani nidomboze ngenxa yokulunga kukaNdikhoyo. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[2]Bulelani kuThixo onguyedwa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[3]Bambani ngazibini kwiNkosi yamakhosi. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[4]Nguye yedwa owenza imimangaliso. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[5]Ngobulumko bakhe wawadal' amazulu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[6]Ulotwabulula ihlabathi phezu kwamanzi. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[7]Yena ngumenzi welanga nenyanga. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[8]Ilanga laba ngumongameli wemini. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[9]Yona inyanga neenkwenkwezi zongamela ubusuku. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[10]Yena ngumaqwakanis' amazibulo aseJiputa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[11]Yena wamkhupha uSirayeli phakathi kwamaJiputa. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[12] com mão forte e braço estendido, porque seu amor é para sempre.

[13] Dividiu ao meio o mar Vermelho, porque seu amor é para sempre,

[14] fez passar Israel no meio dele, porque seu amor é para sempre,

[15] lançou Faraó e seu exército no mar Vermelho, porque seu amor é para sempre.

[16] Conduziu seu povo pelo deserto, porque seu amor é para sempre,

[17] feriu grandes reis, porque seu amor é para sempre,

[18] tirou a vida de governantes poderosos, porque seu amor é para sempre:

[19] Seom, rei dos amorreus, porque seu amor é para sempre,

[20] e a Ogue, rei de Basã, porque seu amor é para sempre.

[21] Depois deu a terra deles como despojos, porque seu amor é para sempre,

[22] em herança a Israel, seu povo, porque seu amor é para sempre.

[23] Em nossa humilhação, lembrou-se de nós, porque seu amor é para sempre.

[24] Ele nos libertou dos nossos adversários, porque seu amor é para sempre.

[25] Dá alimento a toda criatura, porque seu amor é para sempre.

[26] Louvai o Deus dos céus! Porquanto, seu amor leal permanece pela eternidade.

[12]Wolula isandla sakhe, wamkhulula ngengalo yakhe engwanyalala. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[13]Yena walahlula-hlula uLwandle oluBomvu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[14]USirayeli wanqumla kulo wawela. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[15]Kambe ke wamntywilisela ukumkani nomkhosi wakhe. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[16]Ulokhokel' abantu bakhe entlango, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[17]umqwakanisi wookumkani abanamagama, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[18]umhlabaniseli wookumkani abadumileyo, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[19]uSihon ukumkani wama-Amori, Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[20]uOgi ukumkani waseBhashan. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[21]Umhlaba wabo wawenza ilifa lamaSirayeli. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[22]Loo mhlaba waba lilifa lesicaka sakhe uSirayeli. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[23]Nguye owasivelelayo sigqusha eluthulini. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[24]Yena wasihlangula ezintshabeni zethu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[25]Yena ngumondli wazo zonke izinto eziphilayo. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

[26]Bulelani nidomboze kuThixo wamazulu. Kaloku ububele bakhe buhlala buhleli.

Salmos 137

Saudades da pátria

[1] Junto aos rios da Babilônia sentamo- nos a chorar, com saudade de Sião.

[2] Nos salgueiros que lá existiam, pendurávamos as nossas harpas,

[3] pois aqueles que nos levaram cativos nos pediam para entoar belas canções, e os nossos opressores, que fôssemos alegres, exclamando: "Entoai-nos algum dos cânticos de Sião!"

[4] Como, porém, haveríamos de cantar as canções do Eterno numa terra estranha?

[5] Se eu de ti me esquecer, ó Jerusalém, que se paralise minha mão direita!

[6] Pegue-se minha língua ao céu da boca, se não me recordar de ti; se não elevar Jerusalém acima das minhas maiores alegrias.

[7] Contra os filhos de Edom, lembra-te, SENHOR, daquele dia em que Jerusalém foi destruída, como gritavam: "Desnudai-a, arrasai-a até os fundamentos!"

[8] Filha da Babilônia, devastadora, bemaventurado aquele que te der a paga de tudo quanto nos fizeste!

[9] Feliz aquele que agarrar os teus descendentes e os despedaçar contra a rocha!

Salmos 138

Ação de graças a Deus pela sua fidelidade. Todos os reis o louvarão

[1] Um salmo de Davi. Eu te louvo, ó SENHOR, de todo o meu coração; canto teus louvores na presença dos poderosos.

Iindumiso 137

Isililo samaSirayeli ekuthinjweni

[1]Ngasemilanjeni yaseBhabheli sahlala phantsi sagixa sakucinga ngeZiyon.

[2]Iikatala zethu sazixhoma emingcunubeni kwalapho.

[3]Kaloku abo babesithimbile suka bathi: "Khanisonwabise ngengoma; khanihlabele enye kwezaseZiyon."

[4]Besingathini kambe ukucula ezikaNdikhoyo kwelasemzini!

[5]Ukuba ndingakulibala, Jerusalem, sanga singashwabana isandla sam sokunene.

[6]Malunamathele ezinkalakahleni ulwimi lwam, ukuba ndinokukulibala, xa ndinokusuka ndingayibaluli iJerusalem njengeyona ntshinga yovuyo lwam.

[7]Awu, Ndikhoyo, yikhumbule into eyênziwa ngamaEdom, mhla yahlaselwa iJerusalem. Kaloku agcoloda athi: "Yidilizeni niyisiphule neengcambu."

[8]Athi ke wena, Bhabheli, sisulundini sentshabalalo! Hayi inyhweba yalowo ukubuyekezayo ngazo zonke izinto osenze zona.

[9]Unoyolo ozithathayo iintsana zakho azintlekeze emaweni.

Iindumiso 138

Umhobe wokubulela

Umhobe kaDavide.

[1]Awu, ndibamba ngazibini, Ndikhoyo. Ewe, ndinongazenzisiyo umbulelo; ndikuncoma ndikubonge naphi na.

[2] Prostro-me perante o teu santo templo e louvo o teu Nome, por teu amor e fidelidade; pois exaltaste acima de todas as alturas o teu Nome e a tua Palavra!

[3] No dia em que te invoquei, tu me respondeste, concedendo-me força e coragem.

[4] Louvem-te, SENHOR, todos os reis da terra, quando ouvirem as promessas de tua boca!

[5] Celebrem eles os caminhos do SENHOR: "Grande é a glória do SENHOR!"

[6] Pois o SENHOR é excelso, mas vê os humildes, e de longe reconhece o altivo.

[7] Se eu andar em meio à angústia, tu me fazes reviver; estendes tua mão contra a ira dos meus inimigos, e tua destra me salva.

[8] O SENHOR me assistirá até o fim. Ó Eterno, teu amor dura para sempre: não abandones as obras das tuas mãos!

Salmos 139

A onipresença e a onipotência de Deus

[1] Para o mestre de música. Um salmo de Davi. SENHOR, tu me sondas e me conheces!

[2] Sabes quando me sento e quando me levanto, e acompanhas o meu pensamento onde quer que eu esteja.

[3] Discernes minha caminhada e a minha pousada, e estás a par de todos os meus intentos.

[2]Ndikhala ndijongise ngasendlwini yakho engcwele, ndibonga ndincoma igama lakho, ngenxa yezibele nokunyaniseka kwakho, kuba uzicacisile ukuba wena, ndawonye nezithembiso zakho, ubalasele.

[3]Ndathi ndakukhala kuwe wandiphendula kangangokuba ndatsho ndomelezeka.

[4]Zonke izikumkani zehlabathi mazikudumise, Ndikhoyo, kuba zizivile izithembiso zakho.

[5]Ziya kumemelela, zibonga iindlela zikaNdikhoyo, kuba kaloku sibalasele isidima sakhe.

[6]Ewe, nakuba uMhlekazi enguSomaqhuzu nje, ubanonophele abagqush' eluthulini; ke bona abaqholosayo ubabukele.

[7]Nokuba ndidavuza ezinkathazweni, wena uyandikhusela; ulwa nazo iintshaba zam, undihlangule ngamandla akho.

[8]UNdikhoyo uyalifezekisa icebo lakhe ngam. Kambe ke, Ndikhoyo, izibele zakho zisisimakade; ungabi sawushiya umsebenzi wezandla zakho.

Iindumiso 139

Ulwazi nenkathalo kaThixo ifezekile

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

[1]Ewe, Ndikhoyo, undigoca-gocile, uyandazi.

[2]Wena undazi ukusuka nokuhlala; iingcamango zam uziqonda zingekaveli.

[3]Mna andinako ukukunqabela nganto – nditsho ndihamba okanye ndilele, wena uyaziqonda iindlela zam zonke.

4 Porquanto a palavra ainda não chegou à minha língua e tu, ó Eterno, já a conheces completamente.

5 Tu me envolves por trás e pela frente, e pões sobre mim tua mão.

6 Tal conhecimento é para mim demasiado maravilhoso, tão elevado que não posso compreender totalmente.

7 Para onde poderia eu fugir do teu Espírito? Para onde poderia correr e escapar da tua presença?

8 Se eu escalar o céu, aí estás; se me lançar sobre o leito da mais profunda sepultura, igualmente aí estás.

9 Se eu me apossar das asas da alvorada e for morar nos confins do mar,

10 também aí tua mão me conduz, tua destra me ampara.

11 Se eu cogitar: "As trevas, ao menos, haverão de me envolver, e a luz ao meu redor se tornará em noite",

12 constatarei que nem as mais densas trevas são obscuras para teu olhar, pois a noite brilhará como o meio-dia, porquanto para ti as trevas são luz.

13 Tu formaste o íntimo do meu ser e me teceste no ventre de minha mãe.

14 Graças te dou pela maneira extraordinária como fui criado! Pois tu és tremendo e maravilhoso! Sim, minha alma o sabe muito bem.

15 Meus ossos não te eram encobertos, quando fui formado ocultamente e tecido nas profundezas da terra.

4Kaloku wena wazi ndingekathethi; ewe, Ndikhoyo, wazi nento endiza kuyithetha.

5Kaloku wena undiphahle macal' onke; isandla sakho sindifumbathile.

6Ndlela le undazi ngayo indongamele; ewe, ndiyalabalaba, isemajukujukwini kum.

7Ndingamzimela ndithini uMoya wakho? Ndingasabela phi apho ungekhoyo khona?

8Ukuba ndingenyukela emazulwini, ndingafika ukho; nokuba ndingalala kwelabafileyo, ukho nalapho.

9Ndingafanelana ndihamba nokusa, ndiye kutsho eziphelweni zolwandle,

10nalapho ndingakhokelwa sisandla sakho; ewe, ndohlala ndisemandleni akho.

11Noba ndingathi mandisongelwe bubumnyama, nokukhanya kujike kube bubusuku,

12kwabumnyama obo abumnyamanga kuwe. Kaloku nobusuku bukhanya njengemini kuwe, kuba nobumnyama buyakhanya kuwe.

13Andithi na kaloku ndadalwa nguwe; nditsho mna kanye lo! Ewe, wandixonxa wandilunga-lungisa kwandisekumama.

14Ndikubonga ndikubulela ngenxa yomntu endinguye, ngenxa yokumangalisa nokukhwankqisa kwento endiyiyo. Ewe, iyakhamnqisa kambe imisebenzi yakho. Leyo ke into ndiyiqonde pheleleyo.

15Uphahla lomzimba wam alungomnqa kuwe; okuya ndandibunjwa ekusitheleni wawukho. Ewe, ndabunjwa ngokunqabileyo emajukujukwini.

[16] Teus olhos viam meu embrião, e em teu livro foram registrados todos os meus dias; prefixados, antes mesmo que um só deles existisse!
[17] Ó Deus, como são complexos e preciosos para mim os teus pensamentos, quão vastos e profundos os teus conhecimentos.
[18] Se eu os pudesse somar, seriam mais que os grãos de areia. Se os contasse, levaria toda a eternidade e ainda haveria o que contar.
[19] Quem me dera exterminasses os ímpios, ó Deus! Então, as pessoas inescrupulosas e sanguinárias se afastariam de mim;
[20] pessoas que, com má intenção, pronunciam teu Nome, tomando-o em vão, como inimigos teus.
[21] SENHOR, como não odiar aqueles que te odeiam? Como não abominar os que se levantam contra ti?
[22] Eu os odeio com ódio implacável: tornaram-se, dessa forma, meus próprios inimigos.

[23] Sonda-me, ó Deus, e analisa o meu coração. Examina-me e avalia as minhas inquietações!

[24] Vê se há em mim algum sentimento funesto, e guia-me pelo Caminho da vida eterna!

Salmos 140

O salmista ora para que seja livre de inimigos potentes e injustos

[1] Para o mestre de música, um salmo de Davi. Livra-me, SENHOR, do homem mau, preserva-me do homem violento,

[16]Kaloku wena wandibona ndingekenziwa; imihla owandimisela yona yabhalwa encwadini yakho, ndingekayiqali nokuyiqala mna.
[17]Hayi bo, zintsonkothile kambe iingcamango zakho, Thixo wam! Yaz'ba zingakanani na ubuninzi!
[18]Xa bendinokuzibala, zingaphaya kwentlabathi; noba bendingazigqibayo, andikabi phi. Ndoba ngalala ndivuke, usengulowa.
[19]Akwaba ubungabatshabalalisa abakhohlakeleyo, Thixo; izijama-nkungwini mazisuke kum,
[20]abantu abakwenyelisayo bengakukhathalele, abakuvukelayo beqhutywa yinkohlakalo.

[21]Ewe, ndibathiyile abakuthiyileyo, Ndikhoyo; kum banezothe abakuchasayo.

[22]Ngenene ndibathiyile mpela; ndibathatha njengeentshaba zam.

[23]Ndibhenela kuwe, Thixo wam: khawundigoca-goce, undiphicothe, undiqondisise; ndivavanye uziqonde iingcamango zam!
[24]Ndiqwalasele, hleze ndithi kanti ndiphambukile; undikhokelele kwindlela eyeyona-yona.

Iindumiso 140

Ukucela ukhuselo

Kumbhexeshi-kwayara; umhobe kaDavide.

[1] Ndikhoyo, ndihlangule kubantu abagwenxa; ndilondoloze ndingenzakaliswa zizijama-nkungwini,

[2] daqueles que planejam maldades no coração e, todo dia, provocam contendas!
[3] Eles aguçam sua língua como a da serpente; têm veneno de víbora sob os lábios.

[4] SENHOR, guarda-me das mãos do ímpio, preserva-me do homem violento, daqueles que tramam minha queda!

[5] Os arrogantes prepararam armadilhas contra mim; perversos, estenderam redes; no meu caminho armaram emboscadas para me atacar.

[6] Eu declaro ao SENHOR: "Tu és meu Deus!" Ouve, ó SENHOR, o meu clamor!

[7] Ó soberano SENHOR, meu Deus e meu Salvador, tu me proteges a cabeça no dia do combate.
[8] SENHOR, não atendas aos desejos dos ímpios. Não permitas que tenham êxito com suas intrigas!
[9] Recaia sobre a cabeça dos que me ameaçam toda a malignidade que suas bocas proferiram.
[10] Caiam sobre eles carvões em brasa e sejam arrastados para covas em chamas, das quais jamais possam escapar!
[11] Nenhum caluniador se estabeleça sobre a terra, e a desgraça persiga os agressores com golpes sobre golpes até sua completa destruição.

[12] Sei que o SENHOR defende a causa do oprimido e faz justiça aos pobres.

[2]kwabasoloko beyila amayelenqe, behamba bephemba uchuku,
[3]abalwimi zilenca njengezeenyoka, abamilomo inobuhlungu obunjengoberhamba.
[4]Ndikhoyo, ndaluse ndingabi lixhoba lezikhohlakali; ndilondoloze ndingawi ezandleni zezijama-nkungwini ezifutha amacebo okunditshabalalisa.

[5]Izibhoxi zindimbela umhadi, zona ziyandithiyisela zindigcayisele; ewe, zindibekela izabatha endleleni.

[6]Hoyina! Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo; ndithi: "Wena unguThixo wam." Ndive, ndiyatarhuzisa, Mhlekazi.
[7]Athi ke wena, Ndikhoyo, Nkosi yam, Mandlandini andisindisayo, wena ulixhadi lam mhla ngedabi.
[8]Mayingafezeki iminqweno yezikhohlakali, Ndikhoyo; mazibuye nembande yesikhova kumayelenqe azo.

[9]Abo bandirhawulayo bayabhobhoza; izisongelo zabo mazenzakalise kwabona.

[10]Akwaba bebengabuxulwa ngamalahle avuthayo, bahalakatsheke enzonzobileni, bangaze babuye.

[11]Abaphixanisi mabangaze bahlume; izijama-nkungwini mazonganyelwe bububi, zitshabalale.

[12]Ndiyazi ukuba wena uyabalungiselela abacinezelweyo; ewe, Ndikhoyo, uyababonelela abo bagqush' eluthulini.

[13] Com certeza os justos darão graças ao teu Nome, e os homens íntegros habitarão em tua presença!

[13]Ngenene amalungisa aya kukudumisa; ewe, kaloku wona aya kuhlala nawe.

Salmos 141

O salmista ora para que seja preservado no meio da tentação

[1] Um salmo de Davi. SENHOR, elevo meu clamor a ti: vem depressa! Presta ouvido à minha voz, quando te invoco!

[2] Que minha oração seja como incenso diante de ti; minhas mãos erguidas, oferenda vespertina!

[3] SENHOR, põe uma guarda à minha boca, fica de vigia à porta dos meus lábios!

[4] Não deixes meu coração inclinar-se para a maldade, para a prática de ações iníquas na companhia de malfeitores. Que eu jamais participe dos seus banquetes!

[5] Que me castigue o justo; é um favor que me repreenda! É óleo perfumado que minha cabeça não vai recusar. Pois minha oração persiste contra a prática dos malfeitores.

[6] Contra a Rocha foram destruídos todos os juízes que diante das minhas palavras de sabedoria se mostraram insensíveis!

[7] “Como a terra é arada e sulcada, assim são espalhados os nossos ossos à beira da sepultura!

[8] Entretanto, os meus olhos te contemplam, ó Soberano, SENHOR: em ti deposito toda a minha confiança; não me entregues à morte.

Iindumiso 141

Umthandazo wangokuhlwa

Umhobe kaDavide.

[1] Ndikhoyo, ndibhenela kuwe; nceda ndivelele. Khawubek' iindlebe, usabele ndakukhala.

[2]Umthandazo wam mawube sisiqhumiso kuwe, ukuphakama kwezandla zam kube ngumnikelo wamatshona.

[3]Ndikhoyo, wumisele umlindi umlomo wam; imilebe yam mayihlale yalusiwe.

[4]Ndenze ndikucezele ukwenza ububi, ndingazixakekisi ngezenzo zenkohlakalo, ndingahambisani nabantu abakhohlakeleyo. Mandingaze ndizixhamle izimuncu-muncu zabo.

[5]Noba lingandohlwaya ilungisa – yinyhweba leyo; nokuba liyandikhalimela – yintsikelelo leyo; ewe, andinakuphikisana nayo. Umthandazo wam uchasene nezenzo zamatshijolo.

[6]Iziphathamandla ke zophoswa emaweni; izikhohlakali ke zona zotsho ziqonde, zivume ukuba amazwi am afanelekile.

[7]Bosuka baphoxise ke bathi: “Kutsho kwangathi kuyakhutyelwa, namathambo ethu nango ethe saa; ewe, athe xhaxhe ngamangcwaba.”

[8]Ke mna ndijonge enkalweni kuwe, Ndikhoyo, Thixo wam. Ndilangazelela ukukhuselwa nguwe; ungandishiyi ndisesichengeni.

[9] Guarda-me da cilada que me armaram e das armadilhas dos malfeitores!
[10] Caiam todos os ímpios em sua própria rede, enquanto eu prossigo ileso meu caminho!

[9]Ndihlangule kwimigibe abandibekele yona, nakuzo izabatha zabakhohlakeleyo.
[10]Abakhohlakeleyo mababanjiswe kwayimigibe yabo, mna ke ndingabi nawo nomkrwelo.

Salmos 142

Oração no meio de grande perigo

[1] Poema sacro de Davi, quando estava na caverna. Em alta voz clamo ao SENHOR,em alta voz suplico ao SENHORas suas misericórdias!
[2] Derramo diante dele a minha queixa; a Ele apresento a minha angústia.
[3] Quando esmorece em mim meu espírito, tu conheces o caminho que devo seguir. Na vereda que percorro, ocultaram uma armadilha para mim.
[4] Olha para a direita, e vê que ninguém se importa comigo! Perdido está para mim o refúgio: ninguém se preocupa com minha alma.
[5] A ti, SENHOR, clamei, declarando: “Tu és o meu refúgio, minha partilha na terra dos viventes!”
[6] Atende aos meus apelos, pois estou muito exausto. Livra-me dos meus perseguidores, porque são mais fortes do que eu.
[7] Tira minha alma desta prisão, para que eu dê graças ao teu Nome! Então, os justos me rodearão, por causa da tua bondade para comigo!

Iindumiso 142

Ukucela uncedo

Umthandazo kaDavide xa wayesemqolombeni.

[1]Ndiyabhomboloza, ndizibika kuNdikhoyo; ndiyahlahlamba, ndibhenela kuNdikhoyo.
[2]Ndiphokoza isikhalo sam phambi kwakhe; ndimbikela zonke iingxaki zam.
[3]Ndakuba ndidakumbile yena uyayazi imeko yam. Iintshaba zindithiyisela endleleni yam.
[4]Ndakukhangela ngasekunene, akakho ozidubayo ngam; ayikho indawo yokuzimela, kungekho namntu undikhathaleleyo.
[5]Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo; kaloku wena uyinqaba yam, nguwe ibango lam kweli lizwe.
[6]Sibazele iindlebe isikhalo sam, kuba kaloku ndixhwalekile. Ndihlangule kwabo banditshutshisayo; kaloku bona bomelele kunam.
[7]Ndikhulule kula makhamandela, ukuze ndilibonge igama lakho. Amalungisa aya kundiphahla, kuba wena undithamsanqele.

Salmos 143

O salmista ora para que seja livre de inimigos

Iindumiso 143

Ukucela uncedo

Umhobe kaDavide.

[1] Um salmo davídico. SENHOR, escuta minha oração, presta ouvido às minhas súplicas; responde-me por tua fidelidade e justiça!

[2] Entretanto, não leves teu servo a julgamento, pois nenhum ser vivo é justo diante da tua presença.

[3] Pois o inimigo perseguiu-me e prostroume por terra; ele me fez morar nas trevas, como os que há muito morreram.

[4] Esmorece em mim meu espírito; meu coração, dentro de mim, está em pânico.

[5] Lembro-me dos dias de outrora, medito em todas as tuas ações, reflito sobre as obras de tuas mãos.

[6] Estendo para ti as minhas mãos; eis-me diante de ti, qual uma terra sedenta!

[7] Depressa responde-me, ó Eterno! Porquanto meu espírito desfalece. Não ocultes de mim a tua face, senão serei igual aos que já baixam à sepultura.

[8] Faze-me ouvir pela manhã, do teu amor leal e perene, pois em ti depositei toda a minha confiança! Dá-me a conhecer o caminho que devo seguir, pois a ti elevo a minha alma.

[9] SENHOR, livra-me dos meus inimigos, pois me refugiei junto a ti!

[10] Ensina-me a fazer tua vontade, pois tu és o meu Deus. Teu bondoso Espírito me guie por terra plana!

[11] Pela honra do teu Nome, SENHOR, tu me farás viver; por tua justiça me farás sair da angústia;

[1]Wuphulaphule umthandazo wam, Ndikhoyo; sive isikhungo sam. Wena uthembekile, ulilungisa; nceda undiphendule.

[2]Musa ukusixoxisa isicaka sakho; kaloku akukho bani umsulwa phambi kwakho.

[3]Kaloku utshaba luthene mbende nam; lundixushe lwada lwandishikixa. Lundivalele kwamnyama-ndawo, ndanga ndingowafa kudala.

[4]Xa kungokunje ndiyayoba; intliziyo yam iyangcungcutheka.

[5]Ndikhumbula imihla yamfamlibe, ndicamanga ngezinto ozenzileyo, ndiphicotha imisebenzi yezandla zakho.

[6]Ndizolulela kuwe izandla zam; ndikunxanele njengomhlaba owomileyo.

[7]Nceda usabele, Ndikhoyo; umoya wam ufadalele. Hayi, musa ukundifulathela, hleze ndifane nâbo baya enzonzobileni.

[8]Ububele bakho mandibuve kwakusasa; kaloku mna ndikholosa ngawe. Ndifundise indlela endifaneleyo; kaloku mna ndizibika kuwe.

[9]Ndikhoyo, ndihlangule ezintshabeni zam; kaloku mna ndizimela ngawe.

[10]Wena unguThixo wam, ngoko ke ndifundise ukuthanda kwakho. UMoya wakho wobubele makandikhokelele endleleni esisithabazi!

[11]Ndikhoyo, ngenxa yesidima sakho ndihlaziye, ngenxa yobulungisa bakho ndihlangule ekuxinanisweni.

[12] por teu amor leal e justo acabarás com meus inimigos e farás perecer todos os meus adversários, pois sou teu servo!

Salmos 144

Ação de graças pela proteção de Deus e oração por outros livramentos

[1] Salmo davídico. Bendito seja o SENHOR, minha Rocha, que adestra minhas mãos para a guerra, meus dedos para as batalhas!

[2] Ele é meu aliado e minha fortaleza, meu protetor; e eu junto dele me abrigo. Ele a mim submete os povos.

[3] SENHOR, o que é o homem, para dele tomares conhecimento, ou o filho do homem para que por ele te interesses?

[4] O homem é semelhante a um sopro; seus dias, como a sombra que passa.

[5] SENHOR, inclina os céus e desce; toca os montes, para que fumeguem!

[6] Fulmina os raios e dispersa os inimigos; arremessa tuas flechas e faze-os debandar.

[7] Estende daí, do alto, tua mão: salva-me e livra-me das grandes águas, da mão desses estrangeiros,

[8] cuja boca fala mentiras, e que com a mão direita estendida juram falsamente!

[9] Ó Deus, eu te cantarei um cântico novo, tocarei teus louvores na harpa de dez cordas.

[10] És tu que dás a vitória aos reis, que da cruel espada salvas Davi, teu servo.

[12]Ngenxa yezibele zakho nceda uzinqamle iintshaba zam. Batshabalalise abanditshutshisayo; kaloku mna ndisisicaka sakho.

Iindumiso 144

Ukumkani ubulela uThixo ngenxa yoloyiso

Umhobe kaDavide.

[1]Makabongwe uNdikhoyo ondikhuselayo, yena ondiqeqeshela idabi, andenze ndiyiqulele imfazwe.

[2]Yena ulixhadi nenqaba yam, umqolomba nomhlanguli wam, umkhuseli endincathama ngaye. Izizwe uzifaka phantsi kwam.

[3]Awu, Ndikhoyo, yaz'ba kuxa eyintoni na umntu le nto ude uzidube ngaye? Ngani ukuba ude uzikhathaze ngaye?

[4]Umntu ufana nqwa nomphunga, imihla yakhe injengesithunzi sisiya kusithela.

[5]Wakuwashukumisa amazulu, Ndikhoyo, suka akhahleleke phantsi. Wakuzichukumisa iintaba zithuquza umsi.

[6]Lekuza ngemibane, ubasarhaze; binza ngeentolo batsho baduba-dubeke.

[7]Yolula isandla sakho kweliphezulu, undonyule ndiphume kulo mgxobhozo. Ndihlangule esandleni seentlanga

[8]ezimilomo impompoza ubuxoki, ezifunga ubuqhophololo.

[9]Thixo wam, ndiya kukudumisa ngengoma entsha; ndiya kukuculela ngekatala.

[10]Ngumavathis' ookumkani ngoloyiso, umhlanguli kaDavide isicaka sakhe. Ndisindise kwikrele lezikhohlakali;

11 Salva-me e livra-me da mão dos estrangeiros, cuja boca fala mentiras e que, com a mão direita estendida, juram falsamente!

12 Quanto aos nossos filhos, serão como plantas, já desenvolvidos na adolescência; nossas filhas, como colunas bem esculpidas, como obras de arte que ornam um palácio.

13 Nossos celeiros estarão repletos, fornecendo provisões e mais provisões. Nossos rebanhos se multiplicarão aos milhares, às dezenas de milhares, pelos nossos campos.

14 Nossas reses andarão prenhes; não haverá brecha nem ataque, nem alarme em nossas praças.

15 Feliz o povo, ao qual assim sucede! Feliz o povo, cujo Deus é o SENHOR!

Salmos 145

Bondade, grandeza e providência de Deus

1 Um hino davídico de louvor. Exaltar-te-ei, ó meu Deus e Rei, e bendirei o teu Nome por toda a eternidade!

2 Todos os dias te bendirei e louvarei o teu Nome para todo o sempre:

3 "O SENHOR é grande e mui digno de louvor; sua grandeza é insondável".

4 Uma geração à outra fará o louvor de tuas obras, proclamando teus maravilhosos feitos.

11ndihlangule esandleni seentlanga ezimilomo impompoza ubuxoki, ezifunga ubuqhophololo.

12Oonyana bethu ebutsheni babo banga banganjengezityalo eziyokozelayo; iintombi zethu zibe njengamatye akroliweyo alungiselelwe ukuvathisa ibhotwe.

13Akwaba bangaphuphuma oovimba bethu, bazale ziintlobo ngeentlobo zesivuno. Akwaba zingazala amawaka iigusha zethu, zande ngamawaka aphindwe kalishumi emaphandleni.

14Ngamana zathatha iimazi zethu zeenkomo; zingemi ngenxa yokuphunza. Ngamana akungebikho zimbonono ezitalatweni zethu; ewe, singaphithizeliswa kukuthinjwa.

15Hayi uyolo lwabantu abayixhamlayo le ntsikelelo! Sinenyhweba kambe isizwe esiThixo waso unguNdikhoyo!

Iindumiso 145

Ingoma yokudumisa

Elokudumisa; umhobe kaDavide.

1Ndiya kukuncoma, Thixo ongukumkani wam; igama lakho ndolibonga nanini nanini.

2Ndiya kukubulela mihla le; igama lakho ndolidumisa kude kuse ephakadeni.

3Ngenene uNdikhoyo yingangalala, ufanele ukudunyiswa; obakhe ubukhulu abuphenguluguleki.

4Isizukulwana siya kubalisela esilandelayo ngemisebenzi yakho; siya kuzibhengeza izigigaba zakho kwisizukulwana esilandelayo.

[5] Pregarão sobre a esplêndida glória de tua majestade, e eu meditarei sobre tuas portentosas realizações.
[6] Anunciarão o poder dos teus magníficos e temíveis prodígios, e eu falarei das tuas grandes obras.
[7] Divulgarão a memória de tua imensa bondade e cantarão com júbilo tua justiça:
[8] "O SENHOR é clemente e misericordioso, paciente e transbordante de amor leal;
[9] o SENHOR é bom para com todos; e sua compaixão alcança todas as suas criaturas".
[10] Todas as tuas obras, ó SENHOR, te rendem graças, e teus fiéis te bendirão.
[11] Eles proclamarão a glória do teu Reino e pregarão sobre o teu poder,
[12] a fim de que todos saibam dos teus feitos maravilhosos e do glorioso esplendor do teu Reino.
[13] Porquanto teu Reino é Reino Eterno, e o teu domínio perdura de geração em geração.
[14] O SENHOR ampara todos os que caem e ergue todos os que estão deprimidos.
[15] Os olhos de todos em ti esperam, e tu lhes dás o alimento no devido tempo.
[16] Abres tua mão e sacias, de bom grado, todo ser vivo.

[5]Ndiya kucamngca ngemisebenzi yakho emangalisayo, nesidima sobuqaqawuli bobungangamsha bakho.
[6]Abantu baya kububhengeza ubukhulu bezenzo zakho ezikhwankqisayo, ndaye ndiya kububabaza ubukhulu bakho.
[7]Baya kuluxela udumo lokulunga kwakho; ewe, baya kutsholoza bencoma ubulungisa bakho.
[8]UNdikhoyo unesisa, yaye enovelwano. Yena unomonde; uyimvuze-mvuze bububele.
[9]UNdikhoyo uyabalungiselela bonke abantu; unemfobe ngazo zonke izinto azenzileyo.
[10]Zonke izinto ozenzileyo ziya kudomboza zibulele, Ndikhoyo; imilowo yakwakho iya kukudumisa.
[11]Baya kuyibhengeza indili nesidima solawulo lwakho; amandla akho aya kuba ngundaba-mlonyeni,
[12]ukuze uluntu luzazi izigigaba ozenzileyo kwanesidima nobuqaqawuli bolawulo lwakho.
[13]Ulawulo lwakho alunamida yasiphelo; ubukhosi bakho bozityhutyha zonke izizukulwana. Ilizwi alithethileyo uNdikhoyo alidliwa nja, yaye unesisa kuko konke akwenzileyo.
[14]UNdikhoyo uyabaxhasa bonke abagqush' eluthulini, abaphakamise bonke abathobekileyo.
[15]Iinto zonke zikhangela kuye ngethemba, ke yena uyazondla ngexesha elililo.
[16]Ewe, yena zivulekile izandla zakhe, izinto zonke uyazanelisa ngokweentswelo zazo.

[17] O SENHOR é justo em todos os seus caminhos e fiel em todas as suas obras.
[18] O SENHOR está junto de todos aqueles que invocam seu Nome, de todos que clamam por sua presença, com sinceridade.
[19] Assim, Ele realiza os desejos daqueles que o reverenciam; ouve-os clamar por socorro e os salva.

[20] O SENHOR cuida de todos os que o amam, mas destrói todos os ímpios!

[21] Minha boca proclamará o louvor do SENHOR, e que todo ser vivo bendiga seu santo Nome para todo o sempre!

[17]UNdikhoyo ulilungisa ngeendlela zonke, unobubele kuko konke akwenzayo.

[18]UNdikhoyo ukufuphi kwabo babhenela kuye, kwabo bamfuna benyanisekile.

[19]Uyabahlangabeza abo bamhlonelayo; uyasabela bakuzibika, abahlangule.

[20]UNdikhoyo uyabalondoloza abo bamthandayo; ke bona abakhohlakeleyo uya kubatshabalalisa.
[21]UNdikhoyo ndiya kusoloko ndimdumisa. Mazimdumise zonke izidalwa, zilincome igama lakhe elihloniphekileyo; ewe, kude kube ngunaphakade.

Salmos 146

A fraqueza do homem e a fidelidade de Deus

[1] Aleluia! Louva, ó minha alma, ao SENHOR!
[2] Louvarei ao SENHOR, por toda a minha vida; cantarei louvores a meu Deus, enquanto eu existir.
[3] Não conteis com os príncipes, com meros seres humanos: são incapazes de salvar!
[4] Ao se esvair seu espírito, eles voltam ao pó; no mesmo dia seus planos se apagam.

[5] Feliz o que tem por ajudador o Deus de Jacó e, por esperança, o SENHOR, seu Deus,

[6] que fez o céu e a terra, o mar e tudo quanto neles há, e que guarda fidelidade para sempre,
[7] que faz justiça aos oprimidos, que dá pão aos que têm fome! O SENHOR é quem liberta os prisioneiros.

Iindumiso 146

Ukubonga uThixo onguMsindisi

[1]Aa! Bayethe, Mhlekazi! Duma ukhahlele kuNdikhoyo, mphefumlo wam!
[2]Ndiya kumbonga uNdikhoyo lo gama ndisadla ubomi; ndiya kuhlabela indumiso, ndibonge uThixo wam bonke ubomi bam.
[3]Musa ukukholosa ngamanene; sukuthemba umntu, kuba akaloncedo.
[4]Uthi akuba efile abuyele emhlabeni; ngaloo mini buyatshitsha ubuchule bakhe.
[5]Hay' inyhweba yalowo uluncedo lunguThixo kaYakobi, lowo uthembele ngoNdikhoyo uThixo wakhe;
[6]ongumenzi wamazulu nehlabathi, ulwandle neento zonke ezilapho kulo; yena ungajikiyo kwizithembiso zakhe;
[7]umthetheleli wâbo baxhatshazwayo; umondli wâbo balambayo. UNdikhoyo uwathi jize ngenkululeko amabanjwa.

[8] O SENHOR dá vista aos cegos, o SENHOR ergue os combalidos, o SENHOR ama osjustos.

[9] O SENHOR protege os migrantes, ampara os órfãos e as viúvas, mas frustra os planos e atitudes dos ímpios.

[10] O Eterno reina para sempre; Ele é teu Deus, ó Sião, teu rei de geração em geração. Aleluia!

[8]UNdikhoyo ngumvuli wamehlo eemfama, umphakamisi wâbo bawileyo. UNdikhoyo ngumathand' amalungisa.

[9]UNdikhoyo ngumkhuseli wabahambi nabangeneleli, umxhasi wabahlolokazi neenkedama. Ke bona abakhohlakeleyo uyabatshabalalisa.

[10]Kambe ke yena uNdikhoyo uya kulawula naphakade, uThixo wakho, Ziyon, kuzo zonke izizukulwana. Siyakhahlela, sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Salmos 147

Exortação a louvar ao Senhor pela sua beneficência

[1] Aleluia! Como é bom cantar louvores ao nosso Deus; como é agradável prestar-lhe uma adoração condigna!

[2] O Eterno reconstrói Jerusalém; Ele congrega os exilados de Israel.

[3] Somente Ele cura os corações quebrantados e lhes pensa as feridas.

[4] Ele fixa o número das estrelas, a cada uma dá um nome.

[5] Nosso Senhor é Soberano e tremendo o seu poder; é infinita sua sabedoria.

[6] O SENHOR ergue os humildes, mas rebaixa os ímpios até o chão.

[7] Entoai ao SENHOR com ações de graças, cantai ao nosso Deus ao som das cítaras!

[8] Ele cobre de nuvens os céus, prepara a chuva para a terra; faz brotar a relva sobre as colinas,

Iindumiso 147

Ukubonga uThixo uPhezukonke

[1]Dumani nithi: “Bayethe, Mhlekazi!” Kaloku yinto entle ukumemelela, sibonge uThixo wethu; ewe, luyolo, kwaye kufanelekile ukumdumisa.

[2] NguNdikhoyo umakhi weJerusalem, umqokeleli weembacu zakwaSirayeli,

[3]umnyangi wabantliziyo zenzakeleyo, ewe, umbophi wamanxeba abo.

[4]Ngumqingqi wenani leenkwenkwezi; iyileyo naleyo kuzo uyibiza ngegama layo.

[5]Hay' ubukhulu bukaNdikhoyo, uyingangalala ngamandla! Ubulumko bakhe abunamda.

[6]UNdikhoyo uyabaphakamisa abagqush' eluthulini; ke bona abakhohlakeleyo ubakhahlela phantsi.

[7]Hlabelani nimombelele uNdikhoyo nibulela; tsholozani niculele uThixo wethu ngezeengcingo –

[8]umtwabululi wamafu afihl' isibhakabhaka, nguye owabela umhlaba imvula, ulontshulis' ingca ezintabeni,

[9] dá alimento ao gado e aos filhotes do corvo, quando crocitam de fome.

[10] Ele não se compraz no vigor do cavalo, nem dá valor à agilidade dos seres humanos;

[11] o SENHOR se agrada dos que o temem, daqueles que depositam sua esperança em seu amor leal e perene.

[12] Glorifica ao SENHOR, Jerusalém! Sião, louva teu Deus!

[13] Porque Ele reforçou as trancas de tuas portas e, em teu meio, abençoou teus filhos.

[14] Ele, que dá a paz em tuas fronteiras, te sacia com a flor do trigo.

[15] Ele envia suas ordens à terra, e veloz corre a sua Palavra.

[16] Ele faz cair a neve como lã, como cinza espalha a geada;

[17] lança o granizo aos punhados: diante de tal frio, quem pode resistir?

[18] Ele envia sua Palavra e derrete o gelo; faz soprar o vento, e as águas voltam a correr.

[19] Ele proclama a Jacó a sua Palavra; a Israel, seus decretos e suas decisões.

[20] Isto, não o fez a nenhuma outra nação; todas as outras não conhecem as suas ordenanças. Aleluia!

Salmos 148

Toda a criação deve louvar ao Senhor

[1] Aleluia! Louvai ao SENHOR, os do céu, louvai-o nas alturas!

[2] Louvai-o vós todos, seus anjos, louvai-o vós todos, seus exércitos celestiais!

[9]umondli wezilwanyana ngokutya kwazo, umfunzeli wamathol' ehlungulu azibikayo.

[10]Yena akakuhoye nganto ukukhalipha kwehashe, engabukhathalele nobungwanyalala bezitho zendoda,

[11]koko yena uNdikhoyo uthanda abamhlonelayo, abo bakholosa ngezibele zakhe ezingatshitshiyo.

[12]Duma ubonge uNdikhoyo, Jerusalem! Mbonge uThixo wakho, Ziyon!

[13]Kaloku nguye owomeleza imivalo yamasango akho; nguye othamsanqela abantu bakho.

[14]Nguye omisela inzolo phakathi kwemida yakho; ikwanguye okwanelisa ngeyona-yona ngqolowa.

[15]Yena uthetha ngelizwi nje qha, ngoko nangoko lityhutyhe ihlabathi.

[16]Ukhitikisa ikhephu, libe njengoboya; unisa iqabaka, kube mhlophe okothuthu.

[17]Usarhaza umkhenkce, ngathi sisichotho; ngubani onokumelana nengqele yakhe?

[18]Uthetha ngelizwi, zinyibilike ezo zinto; athumele umoya, kubaleke amanzi.

[19]Ngumazisi wodaba lwakhe kuYakobi, imithetho nezigqibo zakhe kuSirayeli.

[20]Kwezinye izizwe zange enjenjalo, nemimiselo yakhe aziyazi. Dumani nithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Iindumiso 148

Indalo mayikhahlele kuThixo

[1]Aa! Bayethe, Mhlekazi! Bongan' uNdikhoyo, nimdumise emazulwini; mdumiseni kweliphezulu!

[2]Mbongeni, nonke nina zithunywa zakhe; mdumiseni, nani mikhosi yakhe!

[3] Louvai-o, sol e lua, louvai-o vós todas, estrelas brilhantes!

[4] Louvai-o vós, os mais altos céus, e vós, águas que estais acima do firmamento!

[5] Que eles louvem o Nome do SENHOR,porquanto Ele ordenou, e foram criados.

[6] Ele os estabeleceu para todo o sempre, ao promulgar uma Lei, que não passará!

[7] Louvai ao SENHOR, os da terra; cetáceos e profundezas todas;

[8] relâmpagos, granizo, neve e neblina; vendavais e tempestades, todos dóceis à sua Palavra,

[9] montanhas e todas as colinas, árvores frutíferas e todos os cedros;

[10] feras e todos os rebanhos domésticos, répteis, aves que voam e todos os demais seres vivos,

[11] reis da terra e todos os povos, governantes e todos os magistrados da terra;

[12] moços e moças, velhos e crianças!

[13] Que todos louvem o Nome do SENHOR,pois o seu Nome é o único sublime, sua majestade está acima da terra e dos céus.

[14] Outorgou glória e poder a seu povo, e tem recebido louvor de todos os seus fiéis,

[3]Mbongeni, wena langa nawe nyanga; mdumiseni, nonke zinkwenkwezi eziqaqambileyo!

[4]Mbongeni, nani mazulu asemajuku-jukwini; ewe, makube njalo nakuni, manzi angaphaya kwesibhakabhaka!

[5]Ewe, mazilidumise igama likaNdikhoyo; kaloku yena wathetha ngelizwi, zabakho ke zona.

[6]Wazimisela ukuze zihlale zihleli nanini-nanini; ewe, wazimisela umda ongasoze washukunyiswa.

[7]Dumani kuNdikhoyo nalapha emhlabeni! Nditsho kuni, bominenga, nani nonke, manzi anzongonzongo,

[8]wena mlilo, nawe sichotho, khephundini, nani mafu, nawe saqhwithi sofezekisa ilizwi lakhe.

[9]Dumani, zintaba, nani zinduli, mithi yeziqhamo, nani nonke misedare!

[10]Mbongeni, nina marhamncwa, nani nonke zinkomo, nina zinto zirhubuluzayo, nani zintaka ziphaphayo!

[11]Khahlelani, zikumkani zehlabathi, nani nonke zizwe, matshawe, nani nonke zinxiba-mxhaka zehlabathi!

[12]Dumisani xa ninonke, mlisela kwanani mthinjana; yenzani njalo, maxhego kwanani bantwana!

[13]Ewe, mabalibonge igama likaNdikhoyo; kaloku yena ngugama-khulu. Ke bona ubungangamsha bakhe bulivelele ihlabathi ndawonye namazulu.

[14]Ewe, abantu bakhe ubathe jize ngodumo nobungangamela, ke yona imilowo yakhe ithwel' intshinga yendumiso – nditsho

amaSirayeli, isizwe esisenyongweni kuye. Masitsho sonke sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Salmos 149

Os fiéis louvam a seu Deus com cânticos e instrumentos de música

1 Aleluia! Cantai ao SENHOR um cântico novo, e o seu louvor, na assembleia dos fiéis!

2 Alegre-se Israel no seu Criador, os filhos de Sião exultem em seu Rei!

3 Louvem seu Nome com danças, cantem seus louvores com pandeiro e cítara!

4 Pois o SENHOR se compraz em seu povo; Ele coroa de vitória os humildes.

5 Regozijem-se nessa glória os fiéis e cantem, jubilosos o dia todo e ao deitar!

6 Altos louvores a Deus estejam sempre em seus lábios; em suas mãos, a espada de dois gumes:

7 para exercer vindicação entre as nações, e castigo sobre os pagãos;

8 para prender seus reis com grilhões, e com algemas de ferro, seus nobres;

9 para executar contra eles a sentença escrita. E assim, em esplendor e felicidade louvá-lo-ão todos os seus devotos: Louvado seja o Eterno! Aleluia!

Iindumiso 149

Umhobe wokudumisa

1Aa! Bayethe, Mhlekazi! Memelelani niculele uNdikhoyo ingoma entsha abongwa ngayo ebandleni lakhe labanyanisekileyo!

2USirayeli makagcobe agcolode ngoMdali wakhe; oonyana beZiyon mabachulumache ngoKumkani wabo.

3Mabadude bamdumise bememelela, betsholoza bembonga ngegubu nekatala.

4Kaloku uNdikhoyo akaziva ngosapho lwakhe; abazithobayo ubathi jize ngoloyiso!

5Imilowo yakhe mayitaka-take ngemincili; mayimemelele ngemihlali naxa ilalayo;

6mayitsho ngentsholo idumisa uThixo, amakrele abazwe macala esezandleni,

7ukuze iphakele iintlanga impindezelo, ixhaphaze izizwe ngesohlwayo,

8ibasonge ibakhonkxe ookumkani ngamakhamandela, zona izikhulu zabo izikhuleke ngemixokelelwana,

9khon' ukuze ifezekise isigwebo sikaThixo phezu kwabo. Nântso ke intshinga yemilowo yakhe. Masikhahlele sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Salmos 150

O salmista exorta toda criatura a louvar ao Senhor

1 Aleluia! Louvai a Deus em seu Santuário,louvai-o no seu majestoso firmamento!

Iindumiso 150

Bayethe, Mhlekazi!

1Sithi: “Bayethe, Mhlekazi!” Khahlelani nimbonge uThixo endlwini yakhe engcwele; mdumiseni ngenxa yamandla akhe esibhakabhakeni.

[2] Louvai-o por seus grandes feitos, louvai-o por sua infinita grandeza!

[3] Louvai-o ao som de trombetas, louvai-o com harpas e cítaras!

[4] Louvai-o com tamborins e danças, louvai-o com instrumentos de cordas e com flautas!

[5] Louvai-o com o clangor dos címbalos, louvai-o, altissonantes trombetas!

[6] Que todos os seres vivos louvem ao Eterno! Louvado seja o SENHOR! Aleluia!

[2]Mbongeni ngenxa yemisebenzi yobugorha bakhe, nimdumise kuba yena usisihandiba sesikhulu!

[3]Yitshoni ngomtyangampo wexilongo nimdumise; yombelani nimbonge ngomrhubhe nehapu!

[4]Dumisani nimbonge ngegubu nomdudo; ngqungqani nimbonge ngezeengcingo nesigodlo!

[5]Tshilani nimbonge ngamacangci akhenkcezayo; yitshoni ngentswahla nimdumise ngamacangci ahlokomayo!

[6]Ewe, konke okushukumayo makudume kubonge uNdikhoyo! Masidanduluke sonke sithi: “Bayethe, Mhlekazi!”

Provérbios	Izafobe

Provérbios 1

Introdução geral

[1] Provérbios de Salomão, filho de Davi, rei de Israel.

[2] Para aprender a viver de maneira inteligente e disciplinada; para entender os ensinos que produzem sabedoria;

[3] para desenvolver um caráter correto e perspicaz, vivendo de maneira justa, com equidade e bom senso;

[4] para dar prudência aos simples, assim como conhecimento e juízo aos jovens.

[5] Mesmo o sábio que lhes der ouvidos aumentará em muito seu entendimento, e quem tem discernimento obterá clara orientação

[6] para compreender o significado das palavras e parábolas, ditados e enigmas dos sábios.

Não te deixes seduzir por pecadores

[7] O temor do SENHOR é o princípio do conhecimento, mas os insensatos desprezam a sabedoria e a disciplina.

[8] Filho meu, ouve a instrução de teu pai e não menosprezes o ensino de tua mãe.

[9] Pois eles formarão uma coroa de bênçãos para a tua cabeça e colar de honra para o teu pescoço.

[10] Filho meu, se pessoas perversas tentarem seduzir-te, não o permitas!

Izafobe 1

Ukubaluleka kwezafobe

[1]Ezi zizafobe zikaSolomon unyana kaDavide ukumkani wakwaSirayeli.

[2]Ezi zafobe ziluncedo: umntu ziyamqeqesha, zimnike ubulumko, abe nokuziqonda neentetho ukuba ngaba zezengqondo na.

[3]Ewe, zimenza aqeqesheke, akwazi ukuziphatha, abe ngumntu owenza okulungileyo, nothe ngqo engenagobe.

[4]Ongekabi namava zimenza abe krele-krele, nomfana atsho akwazi ukwenza izigqibo ngobulumko.

[5]Isilumko siyeva, sivune ulwazi; kanti nengcaphephe itsho ifumane amacebo aphilileyo,

[6]khon' ukuze ikwazi ukuqonda izaci nezafobe, nditsho amazwi ezilumko nokuntsonkotha kwawo.

Isiseko sobulumko

[7]Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo, kambe ke zona izityhakala zibujongele phantsi ubulumko nengqeqesho.

Icebiso kubafana

[8]Mfo wam, yithobele ingqeqesho kayihlo, ungazityesheli neziluleko zikanyoko.

[9]Zona ziya kuyiphuhlisa ihambo yakho, oku kwentsimbi ehombisa intloko, nditsho oku kwamaso anika intamo umfaneleko.

[10]Nyana wam, sukuvuma xa uwexulwa ngoongantweni.

[11] Se te convidarem: “Vem conosco, embosquemo-nos para assaltar e matar alguém;
[12] Traguemo-los vivos, como a sepultura engole os mortos; vamos destruí-los por completo, como são aniquilados os que descem à cova;
[13] encontraremos todo tipo de objetos valiosos e encheremos as nossas casas com tudo o que roubarmos;
[14] junta-te ao nosso bando; dividiremos em partes iguais o resultado de tudo o que tomarmos!
[15] Filho meu, não sigas pelo caminho desse tipo de gente! Afasta os teus pés para longe das veredas que eles seguem,
[16] pois os pés deles se precipitam para o mal e correm para derramar sangue.
[17] Assim como é inútil estender a rede de caça, se as aves te observam,
[18] da mesma maneira essas pessoas não percebem que armam cilada contra a própria vida; constroem emboscadas para sua própria destruição!
[19] Tal é a vereda de todo ganancioso; e a ambição pelo lucro ilícito conduz o insensato à ruína.

O convite e exortação da Sabedoria

[20] A Sabedoria clama em alta voz pelas ruas, proclama nas praças públicas;
[21] brada do alto dos muros; à entrada das portas da cidade profere em alta voz o
[22] “Até quando, ó insensatos, amareis a insensatez? E vós, zombadores, até quando

[11]Mhlawumbi bangathi: “Yiza silalele umntu ongenatyala, ukuze simhlasele simbulale engacingele nto.”
[12]Basenokuthi: “Yiza, siza kumcim' igama njengosengcwabeni, abe ngathi uginywe lelabafileyo,
[13]size ke thina sizithathele konke okunexabiso, izindlu zethu zitsho zizale ngamaxhoba.
[14]Hayi, mfondini, yiza, uzibandakanye nathi; yoba nye ingxowa yethu sonke.”
[15]Nyana wam, zikhwebule kwiindlela zabo, ulubuyise nonyawo lwakho kuzo.
[16]Kaloku iinyawo zabo aziva ntambo ukuleqeka esonweni; bayakhawuleza ukuphalaza igazi.
[17]Nakuba kungancedi nto nje ukuthiyela intaka xa isibona isabatha eso,
[18]kodwa bona balalela elabo igazi; ewe, bazonda owabo umphefumlo.
[19]Sinjalo ke isiphelo sazo zonke izikrelemnqa: ophila ngobugebenga ufa kwangobugebenga.

Musa ukubudela ubulumko

[20]Ke bona ubulumko bumemeza nasezitalatweni; kanti ke bude bukhwaze nasezindaweni zembutho.
[21]Izwi labo aligqunyelelwa nayingxolo yasezitalatweni; ewe, buvakala nasemasangweni ezixeko:
[22]“Ziyathandini, koda kube nini nithe nca ebudengeni? Yaz'ba koda kube nini na

abagculeli bekuvuyela ukuphoxisa? Koda kube nini izityhakala ziluthiyile ulwazi?

23 Convertei-vos, pois, à minha exortação: eis que derramarei copiosamente

23Kambe ke xa beninokukugqala ukukhalima kwam, bendinganiphokozela umoya wobulumko, ndabelane nani ngolwazi lwam.

24 Contudo, visto que vos convoquei ao arrependimento e vós recusastes; porque

24Kaloku ndibe ngabiza, anisabeli; ndibe nganolulela isandla sam, akukho bani usamkelayo!

25 em vez disso, rejeitastes todo o meu conselho e não aceitastes a minha repreensão,

25Ewe, anilikhathalele icebiso lam; anivumi kusamkela nesilumkiso sam.

26 eu, de minha parte, zombarei da vossa desgraça; me rirei quando o terror se

26Ke mna ndiya kuhlekisa ngani nakungena enkathazweni; ndiya kuphoxisa ngani ngomhla wonxunguphalo.

27 em vindo o flagelo como a tempestade sobre vós; em vindo a vossa completa

27Ewe, nditsho naxa senirhwaqele lunxunguphalo, lunihlasela njengesaqhwithi; seningathi nirhiwulwa sisivunguvane, imbandezelo neenzingo zinifikele.

28 Então, suplicarão minha atenção, entretanto, não vos responderei; buscar-me-ão, porém, não me hão de encontrar.

28“Ngenene, niya kuzibika kum, kodwa ke mna ndingasabeli. Niya kuba ngabhadula nindifuna, ningandizuzi.

29 Porquanto desprezaram o conhecimento e rejeitaram o temor do Eterno, o SENHOR,

29Kaloku nisuke naluthiya ulwazi, anakukhathalela ukuthobela uNdikhoyo.

30 não desejaram receber o meu conselho e foram indiferentes à minha advertência!

30Ewe, anilamkelanga icebiso lam, anivumanga naxa ndinilumkisa.

31 Portanto, comerão do fruto de suas decisões e atitudes, e se fartarão de suas

31Ngoko ke niya kuvuna loo nto niyilimileyo; amacebo enu lawo niya kuwatya nide niwatyekeze.

32 Pois a imprudência dos néscios os matará; e o falso bem-estar dos insensatos os levará à destruição.

32Kaloku iziyatha zifa kuba zibumangala ubulumko; zona izityhakala zizibhubhisa ngokungakhathaleli nto.

33 Mas aquele que me der ouvidos viverá em plena paz, seguro e sem temer mal algum!”

33Kambe ke bona abandiphulaphulayo bahlala bekhuselekile; ewe, bathi zava, bengaxhalele kwenzakaliswa nto.”

Provérbios 2

A excelência da Sabedoria

[1] Meu filho, se aceitares os meus conselhos e abrigares contigo os meus mandamentos,

[2] com o objetivo de considerar atentamente a sabedoria e inclinar o coração

[3] e, se clamares por entendimento, e por inteligência suplicares, aos brados;

[4] se buscares a sabedoria como quem procura a prata, e como tesouros escondidos

[5] então, compreenderás o que significa o temor do SENHOR e acharás o conhecimento

[6] Porquanto é o SENHOR quem concede sabedoria, e da sua boca procedem a inteligência e o discernimento.

[7] Ele reserva a plena sabedoria para os justos; como um escudo protege quem procura viver com integridade,

[8] pois guarda os passos do justo e protege o caminho de seus santos.

[9] Desse modo, compreenderás bem o que significa ser justo, ter juízo, agir com retidão,

[10] Pois a sabedoria habitará em teu coração, e o conhecimento será agradável

[11] O bom senso te guardará, e a plena inteligência te protegerá.

[12] A sabedoria te livrará das veredas dos maus, das pessoas de palavras ardilosas;

[13] dos que abandonam o caminho da verdade e trilham os atalhos da mentira

Izafobe 2

Umvuzo wobulumko

[1]Mfo wam, wathathele ingqalelo amazwi am, ungaze uyishiye imiyalelo yam.

[2]Ewe, bubazele iindlebe ubulumko, nentliziyo yakho uyilahlele ekwazini.

[3]Kubizele kuwe ukuqiqa, uliphakamisele ilizwi lakho ekuqondeni.

[4]Ubulumko buzingele njengesiliva, ubufune njengobutyebi obombelweyo.

[5]Ukuba uyenzile loo nto uya kukuqonda into okuyiyo ukuthobela uNdikhoyo, utsho ufikelele ekumazini uThixo.

[6]Kaloku nguNdikhoyo onika ubulumko; luphuma emlonyeni wakhe ulwazi nokuqonda.

[7]Abo bathembekileyo ubathululela ingqiqo, aze abe likhaka lâbo banyanisekileyo.

[8]Uhlala eyalusa indlela yamalungisa, aze abakhusele kwihambo yabo âbo banyanisekileyo kuye.

[9]Ukuba uyandiphulaphula uya kuba nako ukubuqonda ubulungisa, ukwazi okufanelekileyo nokulungileyo. Ewe, uya kutsho uyazi yonke indlela ethe ngqo.

[10]Kaloku ubulumko buya kuhlala entliziyweni yakho, umphefumlo wakho uchwayite lulwazi.

[11]Ukuba neembono eziphangaleleyo kuya kukugcina; ukuqonda kuya kukukhusela,

[12]utsho ukhwebuke ekwenzeni izinto ezigwenxa, usinde kubantu abaphembelela iinkathazo –

[13]nditsho asebazilahlayo iindlela ezithe ngqo, asebehamba ngeendlela zobumnyama.

[14] que se alegram em praticar o mal e comemoram a crueldade dos perversos,

[15] seguem por atalhos tortuosos e se extraviam em suas próprias trilhas.

[16] A sabedoria também te livrará da mulher imoral, da pervertida que visa seduzir

[17] que abandona aquele que desde a juventude foi seu companheiro dedicado, ignorando a aliança que pactuou diante

[18] A mulher imoral caminha a passos largos em direção à morte, que é a sua derradeira habitação, e cujas trilhas todas conduzem ao lugar dos espíritos mortos.

[19] Os que a procuram jamais retornarão, tampouco voltarão a encontrar o caminho

[20] Entretanto, a sabedoria te fará andar pelo caminho dos homens de bem e aprenderás a guardar a vereda dos justos.

[21] Porquanto os justos herdarão a terra, e os íntegros nela habitarão;

[22] porém os ímpios serão exterminados da face da terra, assim como dela serão desarraigados os insinceros e desleais.

Provérbios 3

[1] Filho meu, não te esqueças das minhas ordenanças, mas permite que o teu coração guarde os meus mandamentos,

[2] porquanto eles prolongarão a tua vida por muitos anos e te concederão plena

[14]Abo ke bangabantu abavuyayo xa besenza into embi, abayichwayitelayo imikhwa ephuthileyo yobubi.

[15]Ewe, aba bantu ngamaqhophololo; iindlela zabo zingamagoso-goso.

[16]Ngenene uya kutsho usinde kumfazi ongakwaziyo ukuziphatha, umfazi wasemzini omazwi alalanisayo.

[17]Nditsho lowo ungathembekanga nasendodeni awazimanya nayo kwasebutsheni bakhe, ongawukhathalelanga nomnqophiso awawenza phambi koThixo wakhe.

[18]Kaloku indlela eya emzini wakhe iya ekufeni, nabo bonke ke abahamba ngayo basinga kwelabafileyo.

[19]Ewe, kuloo mzi wakhe akuyi lubuyayo; uthi umntu angangena khona angaze aphinde ayifumane indlela yobomi.

[20]Ngoko ke hamba ekhondweni labantu abalungileyo, uziphathe ngeendlela zamalungisa.

[21]Kaloku ngabantu abanyanisekileyo abaya kuma kweli lizwe; ewe, ngâbo bamsulwa abaya kuhlala behleli kulo.

[22]Ke bona abantu abakhohlakeleyo baya kunqanyulwa elizweni; abo bangamatshijolo baya kuncothulwa kulo.

Izafobe 3

Icebiso kulutsha

[1]Mfo wam, sukuyilibala imfundiso yam, koko mayihlale ihleli imiyalelo yam engqondweni yakho.

[2]Kaloku imfundiso yam iya kukongezela imihla emininzi, ikwandisele iminyaka noxolo.

3 Que a benignidade e a lealdade jamais te abandonem: ata-as ao redor do pescoço,

3Ungaze wahlukane nentembeko nokunyaniseka. Maxa onke ezi zinto mazibe sisivatho entanyeni yakho. Ewe, zikrole elucwecweni lwentliziyo yakho.

4 Assim, encontrarás favor diante de Deus e dos homens, bem como boa reputação.

4Ukuba uyayenza ke loo nto uya kuhlala wamkelekile, ube negama elihle kuThixo nasebantwini.

5 Confia no SENHOR de todo o teu coração e não te apóies no teu próprio entendimento.

5Kholosa ngoNdikhoyo ngomxhelo wakho wonke, ungaze ungqiyame ngezakho iimbono.

6 Reconhece o SENHOR em todos os teus caminhos, e Ele endireitará as tuas veredas.

6Mkhumbule uNdikhoyo kuyo yonke ihambo yakho, waye ke yena eya kukukhokela kuzo zonke iindlela zakho.

7 Não sejas sábio aos teus próprios olhos; teme ao SENHOR e aparta-te do mal.

7Musa ukuzibona usisilumko wena ngokwakho; ndaweni yaloo nto hlala umhlonela uNdikhoyo, ubucezele ububi.

8 Isso se constituirá em saúde para o teu corpo e vigor para os teus ossos.

8Loo nto iya kuwunika impilo umzimba wakho, atsho omelezeke amathambo akho.

9 Honra ao SENHOR com teus bens e com as primícias de todos os teus rendimentos;

9Rhuma ngobuncwane bengeniso yakho, uzimase uNdikhoyo; ewe, menzele umnikelo ngolibo lwemveliso yakho.

10 e se encherão com fartura os teus celeiros, assim como transbordarão de vinho

10Ukuba uyayenza le nto ziya kutsho zizale izisele zakho yindyebo; kanti ke neentsuba zakho ziya kuhlala ziphuphuma yiwayini entsha.

11 Filho meu, não desprezes a disciplina do SENHOR, nem te sintas magoado por

11Mfo wam, musa ukuyidela ingqeqesho kaNdikhoyo, ungasicekisi isiluleko sakhe.

12 Porquanto o SENHOR corrige a quem ama, da mesma forma que o pai repreende

12Kaloku uNdikhoyo uyamluleka umntu amthandayo, kwanjengokuba uyise emohlwaya unyana anebhongo ngaye.

13 Bem-aventurado o homem que acha a sabedoria, e a pessoa que encontra o entendimento,

13Unenyhweba kambe umntu obufumeneyo ubulumko; nditsho lowo ukuzuzileyo ukuqonda.

14 pois a sabedoria é muito mais proveitosa que a prata, e o lucro que ela proporciona é maior que o acúmulo de ouro fino.

14Kaloku bona ubulumko yingeniso engaphezu kwayo nesiliva; nditsho negolide ayithathi nto kubo.

15 Mais preciosa é do que os rubis mais puros, e tudo o que podes ambicionar

16 Ao passar da vida, na mão direita a sabedoria te garante longevidade; na mão

17 Os caminhos da sabedoria são veredas agradáveis, e todas as suas trilhas conduzem

18 A sabedoria é árvore que oferece vida a quem a abraça; quem a ela se apega será

19 Por meio da sua sabedoria o SENHOR firmou os alicerces da terra, por seu entendimento fixou no lugar os céus.

20 Pelo seu conhecimento as fontes mais profundas se rompem, e as nuvens gotejam

21 Filho meu, não se apartem estes ensinos dos teus olhos; guarda em teu coração

22 porquanto serão vida plena para a tua alma e valiosa jóia ao redor do teu

23 Assim, andarás seguro no teu caminho, e não tropeçará o teu pé.

24 Quando te deitares, jamais temerás; repousarás, e o teu sono será tranquilo.

25 Não te afligirás com a iminência das calamidades nem da ruína provocada pelos ímpios!

26 Porque o SENHOR é a tua segurança em qualquer circunstância e guardará os

27 Sempre que possível, não deixes de cooperar com quem precisa de ajuda.

28 Não respondas simplesmente ao teu próximo: “Vai e volta amanhã, e eu te darei

15Ewe, bungaphezulu lee nakumatye axabisekileyo. Kuzo zonke izinto onokuzinqwenela ayikho edlula ubulumko.

16Kaloku isandla sabo sokunene siqhelezela bubomi, kanti kwesokhohlo buxakathe ubutyebi nesidima.

17Iindlela zabo ziindlela ezimnandi; ewe, xa zizonke zizisa uxolo.

18Bungumthi wobomi kwababambelela kubo; bonwabile abo babuzuzileyo.

19Kaloku uNdikhoyo ihlabathi waliseka ngobulumko, namazulu ngokwawo wawazinzisa ngengqiqo yakhe.

20Bubugcisa bakhe obagqabhuza iinzonzobila, namafu atsho afukama avuza umbethe.

21Mfo wam, buxabise ubuchule ndawonye nobulumko bokuvisisana; ezi zinto mazingasitheli emehlweni akho.

22Ziya kukuthi jize ngobomi, zibe sisihombiso sentamo yakho,

23utsho uhambe ungenaxhala, unyawo lwakho lungenakukhubeka ntweni.

24Ngokuhlwa uya kungqengqa ungaphaphazeli, ulale uthi yoyi ubusuku bonke.

25Awuyi kuba sayixhalela intshabalalo equbulayo, ngokunjalo nesibetho esifikela izikhohlakali.

26Kaloku uNdikhoyo uya kukugcina ukhuselekile; soze aluyekele unyawo lwakho lungene emgibeni.

27Musa ukwala nento elungileyo konelungelo ngayo, ngakumbi xa kusemandleni akho ukumnceda.

28Musa ukuthi kummelwane wakho: “Hamba, uze uphinde ubuye; ndiya

algo”, se o tens disponível agora e podes ajudar.

29 Não planejes o mal contra o teu próximo, que confiantemente mora contigo

30 Jamais acuses ou demandes com alguém, sem razão, especialmente se essa

31 Não tenhas inveja de quem é violento, nem adotes qualquer dos seus procedimentos;

32 porque o SENHOR detesta o perverso, porém ao justo Ele trata como seu grande

33 A maldição do SENHOR está sobre a casa dos ímpios, mas Ele abençoa o lar

34 Ele ri com desprezo dos arrogantes zombadores, entretanto concede graça

35 A honra é a preciosa herança dos sábios, mas o Senhor expõe os insensatos

kukunika ngomso,” kanti unalo uncedo kuwe.

29Ungaze umenzele iyelenqe ummelwane wakho; kaloku uhlala ngakuwe ekuthembile.

30Musa ukuxabana nomntu ngaphandle kwesizathu, engakwenzanga nto imbi.

31Musa ukuyilangazelela inzuzo yomntu okhohlakeleyo; ndaweni yaloo nto zicezele iindlela zakhe.

32Kaloku ulisikizi kuNdikhoyo umntu olitshijolo; kodwa abathe tye bangamathenjwa akhe.

33UNdikhoyo uwushwabulele umzi womntu okhohlakeleyo; kanti ke wona umzi welungisa uyawuthamsanqela.

34Ke bona abantu abagxekayo uphoxisa ngabo, aze abenzele isisa abo bazithobayo.

35Abantu abalumkileyo baya kulidla ilifa udumo; ke zona iziyatha ziya kwambathwa lihlazo.

Provérbios 4

Exortação a adquirir a sabedoria e a apartar-se do caminho dos ímpios

1 Ouvi, filhos meus, a instrução do pai; prestai atenção, a fim de alcançardes

2 porquanto o ensino que vos ofereço é excelente; não desprezeis a minha doutrina.

3 Quando eu era menino, ainda muito pequeno, filho único de meus pais, e

4 meu querido pai me ensinava, dizendo: “Retém em teu coração as minhas palavras;

Izafobe 4

Iziqhamo zobulumko

1Yiphulaphuleni, bonyana, ingqeqesho kayihlo; yigqaleni, khon' ukuze nizuze ukuqonda.

2Ndininika eyona mfundiso iyiyo, ngoko ke musani ukuwutyeshela umyalelo wam.

3Ngokuya ndandiseyinkwenkwana katata, ndiselula, ndinguyedwa kamama,

4utata wayendiyala athi: “Wazikise engqondweni yakho amazwi am, ungayilibali imiyalelo yam; yigcine imithetho yam, uphile.

5 Busca a sabedoria, procura obter entendimento e não te esqueças das palavras da minha boca, tampouco delas te afastes.

6 Não abandones a sabedoria, e ela te protegerá; ama-a, e ela te dará segurança.

7 O princípio fundamental do saber é: procura obter sabedoria; investe todo o

8 Dedica grande consideração à sabedoria, e ela te exaltará; abraça-a, e ela te honrará!

9 Ela te coroará com um exuberante diadema de graça sobre tua cabeça e nela fará repousar o esplendor da glória".

10 Ouve, filho meu, recebe com atenção as minhas palavras e terás vida longa.

11 No caminho da sabedoria te conduzi e pelas veredas da retidão te ensinei a andar.

12 Sendo assim, enquanto andares sabiamente, nenhum obstáculo impedirá tua vitória: correrás e não tropeçarás!

13 Retém a orientação que recebeste e jamais a desprezes; guarda-a bem, pois

14 Jamais sigas pelas trilhas dos ímpios, tampouco andes pelas veredas dos maus.

15 Evita o mal caminho, não passes por ele; desvia-te dele e passa de largo.

16 Porquanto, os maus não conseguem conciliar o sono enquanto não praticam o mal; não podem dormir se não fizerem tropeçar alguém;

5Thabatha, nabu ubulumko, nantsi ingqiqo! Ungaze wahlukane okanye ushenxe kumazwi omlomo wam!

6Ungaze ubushiye ubulumko, ke bona buya kukulondoloza. Thandana nabo, khon' ukuze bukukhusele.

7Ubulumko ngoyena ndoqo, bufunisise! Fumana ingqiqo, nokuba kudle konke onako.

8Ewe, bunonelele ubulumko, ke bona buya kukuphakamisa; bukhwaphe, ke bona buya kukuthi jize ngesihomo.

9Boba njengentsimbi ehombisa intloko yakho, bukuthi jize ngesithsaba esingayiwayo."

10Phulaphula, nyana wam, uwathathele ingqalelo amazwi am, uze udle ubomi iminyaka emininzi.

11Mna ngokwam ndikufundisile ubulumko, ndakukhokelela endleleni ethe ngqo.

12Xa uhamba, ukunyathela kwakho akuyi kuphazanyiswa, ngokunjalo naxa ubaleka akuyi kukhubeka.

13Ungaze wahlukane nengqeqesho, koko bambelela kuyo; yilondoloze, kuba ibubomi bakho.

14Musa ukuhambisana nabantu abakhohlakeleyo, ungahambi nasekhondweni labenzi bobubi.

15Ewe, ndithi zicezele iindlela zabo, ungahambi ngazo. Shenxa kuzo, uhambe uzigqithe.

16Kaloku izikhohlakali azaneli kukulala zingenzanga nto imbi. Ewe, ziphuthelwa ubusuku bonke, zide zibe zenzakalise umntu.

[17] pois eles se alimentam com o pão da malignidade, e se embriagam com o vinho
[18] Entretanto, a vereda dos justos é como a luz da aurora, que vai brilhando cada vez mais até a plena iluminação do dia.

[19] O caminho dos perversos é como as mais densas trevas, nem conseguem saber

[20] Filho meu, dá atenção às minhas instruções; aos meus conselhos inclina os

[21] Jamais os percas de vista; guarda-os no mais íntimo das tuas entranhas,

[22] pois são vida para quem os encontra e saúde para todo o seu ser.
[23] Acima de tudo o que se deve preservar, guarda o íntimo da razão, pois é da disposição do coração que depende toda a tua vida.
[24] Afasta para longe da tua boca as palavras perversas; e não permitas que teus lábios pronunciem qualquer mentira.
[25] Olha sempre para a frente, mantém teu olhar fixo no objetivo a ser alcançado.

[26] Reflete sobre tuas escolhas e sobre o caminho por onde andas, e todos os teus

[27] Não te desvies nem para a direita nem para a esquerda; retira o teu pé da malignidade!

Provérbios 5

[1] Filho meu, presta atenção às minhas palavras de sabedoria e inclina os teus ouvidos para compreender o meu discernimento.

[17]Kaloku inkohlakalo sisonka abasidlayo; ubundlobongela yiwayini abayiselayo.
[18]Ke yona indlela yamalungisa ifana nemitha yokusa, yona iya iqaqamba ngokuqaqamba de ibe yimini epheleleyo.
[19]Kambe ke zona iindlela zabakhohlakeleyo zingumnyam' ombonde-mbonde. Naxa bekhubeka abayazi into abakhubeka kuyo.
[20]Ke wena, mfo wam, wagqale amazwi am, uyibazele iindlebe into endikuxelela yona.
[21]Amazwi am makangacimi emehlweni akho, koko wamilisele phakathi entliziyweni yakho.
[22]Ewe, abubomi kwabo bawafumeneyo; ayimpilo kumzimba xa uwonke.

[23]Eyona nto emawuyilondoloze ngaphezu kwazo zonke ezinye yintliziyo yakho, kuba yona ingumthombo wobomi.

[24]Mabungabikho ubuxoki emlonyeni wakho, nentetho ekhohlisayo ibe kude lee emilebeni yakho.
[25]Makathi ntshoo phambili amehlo akho, neenkophe zamehlo akho zithi ngqo.
[26]Qiqa phambi kokuba ubeke unyawo lwakho endleleni, ukuze ihambo yakho iqiniseke.
[27]Musa ukujika-jika uye ngasekunene nangasekhohlo; unyawo lwakho malubucezele ububi.

Izafobe 5

Izilumkiso

[1]Mfo wam, buve ubulumko bam, ukubazele iindlebe ukuqonda kwam,

2 Assim manterás o bom senso, e os teus lábios guardarão o conhecimento;

3 porquanto os lábios da mulher imoral são sedutores e destilam mel; sua voz é mais suave que o azeite,

4 contudo, no final é amarga como fel, afiada como uma espada de dois gumes.

5 Seus pés correm para a morte; seus passos conduzem-na diretamente ao inferno.

6 Ela não reflete sobre o perigo de andar por trilhas tortuosas, e não consegue enxergar o caminho da vida.

7 Agora, portanto, meu filho, dá-me ouvidos e não te desvies das palavras da minha boca.

8 Afasta o teu caminho da mulher adúltera, e não te aproximes da porta da sua casa;

9 para que não entregues aos outros a tua honra, tampouco, tua própria vida a algum homem cruel e violento;

10 para que dos teus bens não se fartem os estranhos, e outros se enriqueçam à custa do teu trabalho;

11 e venhas a te queixar e gemer no final da vida, quando teu corpo perder o esplendor

12 Então, murmurarás: “Como me rebelei à disciplina! Como meu coração desprezou

13 Não quis ouvir os meus mestres, nem dei atenção aos que me ensinavam.

14 Cheguei muito próximo da ruína completa, à vista de toda a comunidade!”

2ukuze ube nako ukuzilungelelanisa izinto, futhi ukwazi ukuthetha ngengqiqo.

3Kaloku imilebe yomfazi ongakwaziyo ukuziphatha ivuza ubusi; kwaye nenkalakahla yakhe igudile kunamafutha omnquma.

4Kanti ke ekugqibeleni uba nobukrakra okomhlonyane, akwenzakalise okwekrele elibukhali macala.

5Kaloku iinyawo zakhe zisinga ekufeni; ukunyathela kwakhe kubheka ngqo engcwabeni.

6Uyakuwexula kwindlela eyeyobomi; ube wena ungayazi loo nto.

7Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, ningashenxi koko ndinixelela kona.

8Ewe, ndithi mcezeleni umfazi onjalo, ningasondeli nasemnyango wendlu yakhe,

9hleze amandla enu axhatshazwe ngabanye, niyinike isikhohlakali iminyaka yenu.

10Ewe, xa ningeva ikamva lenu liya kuxhanyulwa ngabasemzini, zize zona izinto eniziqwebileyo zibe sisisulu seentlanga.

11Ekugqibeleni ke yoba ziincwina zodwa ugcuma, ube wona umzimba wakho uvuthuluka nezihlunu zawo.

12Uya kuthi: “Akwaba ndandingazange ndiyithiye ingqeqesho; akwaba ndandiziphulaphule iziluleko.

13Ngenene zange ndiwaphulaphule amazwi âbo babendiyala, zange ndiyibazele iindlebe imfundiso yabandilulekayo.

14Ngoku ke naku ndizibhaqa sendisehlazweni ekuhlaleni naseluntwini.”

[15] Portanto, bebe a água da tua própria fonte, sacia tua sede com as águas que brotam do teu próprio poço.

[15]Nyaniseka kumfazi wakho; ewe, sela amanzi kwelakho iqula.

[16] Por que deixar que os teus ribeiros transbordem pelas ruas e as tuas fontes

[16]Ngani ukuba abantwana bakho bathi saa, oku komthombo omanzi wawo aphuphumela esitalatweni?

[17] Que tais mananciais sejam exclusivamente teus, jamais divididos com quem

[17]Abantwana bakho mayibe ngabakho wedwa; sukuvuma baxhatshazwe nangabasemzini.

[18] Bendita seja a tua fonte! Alegra-te sobremaneira com a tua esposa. Sê feliz

[18]Ewe, ziyolise nomfazi wakho weenkomo, abe ngumthombo olithamsanqa lakho –

[19] Gazela ardorosa, corsa graciosa; que os seios da tua esposa sempre te fartem de prazer, e seu amor te extasie de carinhos todos os dias de tua vida.

[19]nditsho loo nzwakazi imanz' andonga, elo bhadikazi lihle kunene! Isifuba sayo sanga singakutsho ube nemihlali, ikurhawule ngolo thando lwayo, utsho uthi ncithi.

[20] Por qual razão, filho meu, andarias descontrolado atrás de uma mulher imoral? Por que acariciar outros seios que não os de tua esposa?

[20]Mfo wam, ngani ukuba ude uthinjwe ngumfazi ongakwaziyo ukuziphatha? Ngani ukuba ugonane nomka-mntu?

[21] Os caminhos do homem estão diante dos olhos do SENHOR, e Ele examina atentamente todos os seus passos!

[21]Kaloku zonke izinto ezenziwa ngumntu ziyabonwa nguNdikhoyo; zonke iindlela zakhe uzijongile.

[22] Quanto ao perverso, são suas próprias iniquidades que o amarram e o fazem prisioneiro das cordas do seu pecado.

[22]Ke zona izenzo zomntu okhohlakeleyo zibambisa kwayena, ajike akhonkxwe kwasisono sakhe.

[23] Com toda a certeza, ele morrerá por falta de controle; andará inseguro e cambaleante

[23]Ubulawa kukungaqeqesheki; ewe, uphuphuthekiswa bubuhiba bakhe.

Provérbios 6

Advertência contra o servir de fiador, contra a preguiça e contra a maldade

[1] Filho meu, se serviste de fiador ao teu próximo, se, com um aperto de mãos, te comprometeste por um estranho,

[2] e ficaste enredado pelas declarações que saíram da tua boca, então és prisioneiro de tua própria palavra.

Izafobe 6

Ezinye izilumkiso

[1]Mfo wam, ukuba uthe wamela omnye umntu, wabambana nomnye ngesandla,

[2]waza ke ngaloo ndlela warhintyeleka ngamazwi omlomo wakho, wavaleleka emgibeni ngenxa yesithembiso sakho,

[3] Agora, filho meu, considerando que caíste nas mãos do teu companheiro, vai e humilha-te diante dele; insiste, incomoda e importuna esse teu próximo;

[4] não te permitas conciliar o sono, nem que teus olhos pestanejem; não descanses.

[5] Livra-te desse compromisso como a gazela das mãos do caçador, como a ave da armadilha que a pode prender.

[6] Observa a formiga, ó preguiçoso, reflete sobre o trabalho que ela realiza e sê sábio!

[7] Mesmo não tendo um chefe, nem supervisor, nem comandante,

[8] armazena suas provisões no verão, e na época da colheita ajunta seu alimento,

[9] Ó preguiçoso, até quando ficarás deitado? Quando te levantarás da tua sonolência?

[10] Tirando uma pestana, cochilando um pouco, cruzando os braços para descansar,

[11] tua iminente pobreza te aterrorizará, e tua necessidade te assaltará como um ladrão armado.

[12] O caráter do perverso é maligno. Caminha de um lado para o outro murmurando atrocidades,

[13] comunica-se sorrateiramente com os olhos, arrasta os pés e faz sinais com os dedos.

[14] Em seu coração habita o engano; todo o tempo planeja o mal; anda semeando perversidades e discórdias.

[3]nantsi ke into omawuyenze, nyana wam, ukuze ukhululeke ezandleni zommelwane wakho: hamba uzithobe kuye, umbongoze akukhulule.

[4]Ewe, ungakhe ulale ungayenzanga loo nto, ungaphumli nokuphumla oku.

[5]Xelisa inxala elizihlangulayo esandleni somzingeli, okanye intaka ephuncuka esandleni somthiyeli.

[6]Yiya embovaneni, vilandini; qwalasela indlela eziphethe ngayo, nawe ulumke.

[7]Kaloku yona ayinankosi, ingenamlawuli nankokheli,

[8]kodwa nakuba injalo iyaxakeka ehlotyeni iqokelela umphako, izilungiselela ukutya ngexesha lokuvuna.

[9]Kodwa kodwa, vilandini, koda kube nini uthe tywa kuloo mandlalo? Uya kuvuka nini kobo buthongo bakho?

[10]Ulibele kukuthi: “Hayi noko, makhe ndithi qwaka, ndithi ntlithi kancinane, khe ndisonge izandla, ndiphumle.”

[11]Kambe ke bona ubuhlwempu nâbo bukuchwechwela njengomkhuthuzi. Ewe, nantso ihambo-nzima isiza kukuhlasela oku kwendoda exhobileyo!

[12]Ke yena umntu ohamba ejikeleza ethetha ezolwimi ngungantweni wetshijolo.

[13]Ewe, onjalo ungafika emana encwina amehlo, egobhana nabanye, ekhomba ngaloo minwe yakhe.

[14]Ngalo lonke ke elo xesha uqulunqa amayelenqe entliziyweni yakhe; ewe, uyila ububi, aphembelele uqhushululu.

[15] Por essa razão, a desgraça se abaterá repentinamente sobre ele; de um golpe será completamente destruído, sem qualquer apelação.

[16] Há seis atitudes que o SENHOR odeia, sete atitudes que ele detesta:

[17] olhos arrogantes, língua mentirosa, mãos que derramam sangue inocente,

[18] coração que maquina planos perversos, pés que se apressam para fazer o mal,

[19] a testemunha falsa que espalha difamações e aquele que provoca contendas entre irmãos!

O jovem é advertido contra a mulher adúltera

[20] Filho meu, obedece à orientação de teu pai e não abandones o ensino de tua mãe.

[21] Ata-os para sempre ao teu coração, envolve-os junto ao teu pescoço.

[22] Quando caminhares, eles te guiarão; quando te deitares, eles te protegerão durante o sono; quando acordares, eles dialogarão contigo!

[23] Porquanto, o mandamento é lâmpada, o ensino é luz, e as advertências da disciplina são o caminho que conduz à vida;

[24] eles te guardarão da mulher imoral e das palavras lisonjeiras da mulher adúltera!

[25] Não cobices no teu coração a sua beleza, nem te deixes seduzir por seus

[26] pois o preço de uma prostituta é um pedaço de pão, quando comparado ao

[15]Kuthi kunjalo ke afunyanwe yinkxwaleko ngebhaqo, atsho enzakale ngephanyazo, angabi nakunyangeka.

[16]Zintandathu izinto azithiyileyo uNdikhoyo; gxebe, zisisixhenxe izinto ezilizothe kuye:

[17]amehlo endelelo, ulwimi oluxokayo, izandla eziphalaza igazi elimsulwa,

[18]intliziyo eceba amayelenqe, iinyawo ezikhawuleza ukuququela ebubini,

[19]ingqina elixokayo liyigqwethe inyaniso, nomntu ophembelela ingxabano phakathi kwabazalanayo.

Isiyalo ngabakrexezi

[20]Mfo wam, yithobele imimiselo oyinikwa nguyihlo, ungazityesheli neziluleko zikanyoko.

[21]Amazwi abo wamilisele engqondweni yakho nanini nanini, uwagaxele abe sisihombo entanyeni yakho.

[22]Ewe, la mazwi aya kukukhokela endleleni yakho, abe ngumlindi wakho xa ulele, aze athethe nawe xa uvukile.

[23]Kaloku imiyalelo isisibane; zona iziluleko zilukhanyiso; ingqeqesho ekukhalimelayo ingundoqo wobomi.

[24]Zizo ezinokukukhwebula kumfazi oziphethe kakubi, zikuhlangule kumfazi wasemzini olwimi lugudileyo.

[25]Sukunikezela umncwase ngenxa yobuhle bakhe; sukumkhathalela nokuba selecela amehlo.

[26]Ihenyukazi ungalithenga nangesonka, kanti yena umkrexezikazi angakwenza uphulukane nobomi bakho.

objetivo da adúltera, que vive rondando à caça de vidas preciosas!

27 É possível alguém atear fogo ao próprio peito sem queimar a roupa?

28 Pode alguém andar sobre brasas sem queimar os próprios pés?

29 Assim acontece com quem se deita com mulher alheia; ninguém que a toque

30 O ladrão não é execrado se, faminto, furta para matar a fome?

31 Contudo este, quando for pego, deverá pagar sete vezes o que furtou, ainda que

32 Mas o homem que comete adultério não tem juízo; qualquer pessoa que assim

33 Sofrerá ferimentos e vergonha, e a sua humilhação jamais se apagará,

34 pois o ciúme desperta a fúria de um homem, que não terá misericórdia quando

35 Não aceitará nenhuma compensação; nem os mais caros presentes servirão

Provérbios 7

1 Filho meu, obedece aos meus conselhos e no íntimo do teu ser guarda os meus mandamentos!

2 Segue as minhas orientações e descobrirás a verdadeira vida; zela pelos meus ensinos como cuidas da pupila dos teus olhos.

3 Amarra os meus mandamentos aos teus dedos; escreve-os na tábua do teu coração!

27 Khawutsho! Uthi ungawufaka esifubeni sakho umlilo ize impahla yakho ingatshi?

28 Uthi ungawanyathela amalahle avuthayo zize zingatshi iinyawo zakho?

29 Kunjalo ke kumntu owambatha umkamntu: akukho namnye omchukumisayo oya kuba msulwa.

30 Aligxekwa kangako isela xa lisiba kuba lilambile.

31 Noxa kunjalo lihlawuliswa kasixhenxe xa libanjiwe, lithinjwe yonke impahla yendlu yalo.

32 Ke yena umntu okrexezayo ngathi ushiywe ziingqondo; ewe, uyazibhubhisa yena ngokunokwakhe.

33 Isiqhamo salo msebenzi wakhe ziinduma nokuhlazeka; futhi ke oko kuphoxeka kwakhe kuya kuhlala kungenakucinywa.

34 Kaloku indoda enobukhwele inengcwangu; ithi ke apho iziphindezela khona ingabi nanceba.

35 Ewe, xa sele ikuloo meko ayiva zicengo, kungekho nantlawulo iya kuyamkela noba ingakanani na.

Izafobe 7

Isiyalo ngomkrexezikazi

1 Mfo wam, wagcine amazwi am, uyimilisele kuwe imiyalelo yam.

2 Ukuba uyayilandela imimiselo yam uya kubudla ubomi. Ewe, imfundiso yam yilondoloze njengokhozo lweliso lakho.

3 Imiyalelo yam zikhumbuze ngayo ngokungathi ibotshelelwe eminweni yakho, ihlale ibhaliwe engqondweni yakho.

[4] Dize à Sabedoria: “Tu és minha irmã!”, e ao Entendimento considera teu parente próximo;

[5] eles saberão te manter longe da mulher imoral e da pessoa leviana e bajuladora.

[6] Da janela da minha casa, por minhas grades, olhando eu,

[7] vi entre os incautos, no meio de um grupo de jovens, um rapaz deveras sem juízo!

[8] Ele ia e vinha pela rua próxima à esquina de certa mulher imoral, depois seguiu em direção à casa dela.

[9] Estava chegando o crepúsculo, o final do dia, caíam as sombras do entardecer, rodeavam as trevas da noite.

[10] Eis que a mulher lhe sai ao encontro, com vestes de prostituta e cheia de astúcia na alma.

[11] Ela é sedutora e espalhafatosa, seus pés não suportam ficar em casa;

[12] um momento na rua, outro nas praças, em cada esquina se detém à espreita de sua vítima.

[13] Precipitou-se sobre o rapaz, beijou-o sem pudor e lhe declarou:

[14] “Tenho em casa a carne dos sacrifícios de paz que hoje preparei para cumprir os meus votos.

[15] Por esse motivo, saí ao teu encontro, a buscar-te, e te encontrei.

[16] Já estendi sobre o meu leito cobertas coloridas de linho fino do Egito;

[4]Yithi kubulumko: “Wena ungudade wethu,” kwingqiqo uthi: “Wena ungumwethu.”

[5]Xa kunjalo ke uya kusinda kumfazi okrexezayo, ungabi nakufumaneka kumfazi wasemzini okulalanisayo ngamazwi.

[6]Ndikrobe ngefestile yendlu yam, ndalunguza ndingasemva kwenqwanqwa,

[7]ndabona abafana abaswele ukuqonda, phakathi kwabo ndaqaphela omnye osisityhakala.

[8]Wahamba ke esitalatweni apho, waya kubhijela ngekona ngasendlwini yomfazi othile.

[9]Ngelo xesha ke kwakungongcwalazi, imini seyisangene, ubusuku nobumnyama sebunkqonkqoza.

[10]Nâko ke kusithi gqi umfazi emkhawulela, ethe wambu ezobuhenyukazi, eneenjongo ezigwenxa.

[11]Wayengungantweni womfazi othethela phezulu, engunyawo lwambethe indlela.

[12]Uthi esezitalatweni abe sezindaweni zembutho, abe elunguza nasezirhangeni.

[13]Lo mfazi usuke wamgona umfana lowo, wamanga; ngobuso obungenazintloni wathi kuye:

[14]“Ekhaya ndenze amadini obudlelwane; namhlanje ndizifezekisile izibhambathiso zam.

[15]Ndilapha nje ke bendikhangela wena, kambe ke ngoku nguwe lo, ndikufumene!

[16]Nomandlalo wam ndiwulungisile; ndiwuthe wambu ngengayiwayo ilinen yaseJiputa.

17 também já perfumei minha cama e o ambiente, com mirra, aloés e canela.
18 Vem, embriaguemo-nos com as delícias da sensualidade até o amanhecer; gozemos os prazeres do amor!
19 Pois o meu marido não está em casa; partiu para uma longa viagem.
20 Levou consigo uma bolsa cheia de prata e não retornará antes da lua cheia!"
21 Assim, com a sedução ardilosa das suas muitas palavras e gestos, persuadiu-o, com a lisonja e volúpia dos seus lábios, o arrastou.
22 E ele, sem refletir, no mesmo momento a seguiu como o boi levado ao matadouro ou como o cervo que corre em direção à emboscada,
23 até que uma flecha lhe atravesse o coração; como a ave que se apressa em saltar para dentro do alçapão, sem imaginar que essa atitude lhe custará a vida!
24 Agora, portanto, filho, dá-me toda a tua atenção e inclina os teus ouvidos às minhas palavras experientes:
25 Não permitas que teu coração se desvie para o caminho da mulher imoral, nem vagues desorientado pelas trilhas dessa pessoa.
26 Inúmeras foram as suas vítimas; e muitos são os que por ela foram mortos!
27 A casa dela é uma trilha que conduz precipício abaixo, rumo ao inferno, à morada eterna dos mortos.

Provérbios 8

A excelência e justiça dos preceitos da Sabedoria

1 A Sabedoria clama! O Entendimento ergue a sua voz!

17Ewe, umandlalo wam sendiwuqhole ngoozimore, ikhala, ndawonye nesinamon.

18Yiza ke, masibe seluthandweni kude kuse; ewe, masizonwabise ngalo!

19Kaloku owakwam usathe tshalala; uthathe uhambo olude, akekho ekhaya.

20Umke isipaji sakhe sizele yimali; uya kubuya ukuthwasa kwenyanga."

21Wamlalanisa ngaloo ntetho yakhe igudileyo, wamwexula ngamazwi ezicengo zakhe.

22Nanko ke selerhorhozela kwangoko emva kwaloo mfazi, selengathi yinkomo eya ekuxhelweni. Ungena okwesiyatha emgibeni,

23luze utolo lumchane isibindi. Oku kwentaka engqala esigwini ulahlekelwa bubomi bakhe engaqondi.

24Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, niwathathele ingqalelo amazwi am!

25Musa ukulandelana neendlela zomfazi onjalo, ungaze ulahlekele kuzo.

26Kaloku zininzi iingxwelerha aziwisileyo; linani eliphezulu amadoda awabuleleyo.

27Xa usiya endlwini yakhe usinga ekufeni; ewe, uhlela kumagumbi elabafileyo.

Izafobe 8

Kubongwa ubulumko

1Yivani, nâbo ubulumko bumemeza! Nayo ingqiqo nantso izazisa.

[2] Sobre os montes mais elevados junto ao caminho, nos cruzamentos, ouve-se a voz do discernimento.

[3] Ao lado dos portais, à entrada da cidade, portas adentro, ela conclama em alta

[4] "A todos vós, ó homens, suplico; dirijo a minha convocação a toda a humanidade.

[5] Entendei, ó incautos, a prudência; e vós, insensatos, compreendei a sabedoria!

[6] Ouvi, pois proferirei conselhos excelentes; os meus lábios falarão de assuntos justos e práticos.

[7] A minha boca proclamará a verdade, porquanto meus lábios abominam a malignidade!

[8] Todas as minhas palavras são justas, nenhuma delas é adulterada ou perversa.

[9] Para os que possuem discernimento, são ensinos claros; e, veredas retas, para os que alcançam o conhecimento.

[10] Recebei o meu ensino, e não a prata, preferi o conhecimento, antes do ouro puro.

[11] Porquanto, melhor é a sabedoria do que as mais finas jóias, e de tudo o que se possa ambicionar, absolutamente nada se compara a ela!

[12] Eu sou a Sabedoria! Em mim habita todo o conhecimento, o discernimento e

[13] O temor do SENHOR consiste em odiar o mal; rejeitar todo orgulho, arrogância, o mau comportamento e o falar perverso.

[14] Meu é o conselho sábio; a mim pertencem o entendimento e o poder!

[2]Kaloku bumi ngasezindleleni phezu kweentaba; ewe, nabu buthe bhunxe eziphambukeni zeendlela.

[3]Nabo bungxang' emasangweni edolophu; ewe, buyamemelela ekungeneni esixekweni:

[4]"Hoyina, ndibhenela kuni, nina nonke luntu; ndiyanibiza nani, nzala yakwantu.

[5]Kambe nani, ziyatha, fundan' ingqiqo, nani, nina zidenge, qalisan' ukuqonda.

[6]Phulaphulani, kuba ndiza kutheth' izintw' ezibalaseleyo; yivani, kuba ndiza kuyixel' imfanelo.

[7]Kaloku ngomlomo wam ndiza kutheth' inyaniso, kuba ke mna ndiyithiyil' inkohlakalo emilebeni yam.

[8]Onke amazwi omlomo wam anyanisekile; ubuqhophololo nobuxoki abukho kuwo.

[9]Kumntu oqondayo onke acacile; kwâbo baziyo onke alungile.

[10]Nawe ke, yamkela ingqeqesho kunesiliva; ndithi thatha ulwazi kuneyona golide.

[11]Mna bulumko ndiyawagqitha namatye exabiso; nakwiindidi zobutyebi mna andidlulwa nto.

[12]"Mna bulumko ndihlala ndithe qwa; ndixakath' ulwazi kunye nokulungelelanisa.

[13]Ukumthobela uNdikhoyo kukubuthiya ububi. Yiloo nto ndikuchasileyo ukuzigwagwisa, ikratshi, ukungabi nasimilo, kunye nentetho egwenxa.

[14]Ndingusomacebo, ndingumthombo weembono ezichubekileyo; ndinako ukuqonda, kanti nokomelela kokwam.

15 Por meu intermédio, os reis governam, e as autoridades exercem a justiça;

16 da mesma forma, mediante meu poder, governam os nobres, todos os juízes da terra.

17 Eu amo todos os que me amam, e quem me busca me encontra!

18 Em minhas mãos está toda a riqueza, honra, prosperidade e justiça perenes.

19 Meu fruto é melhor que o ouro; sim, que o ouro mais puro; o lucro que vos ofereço é superior ao metal mais valioso!

20 Ando pelo caminho da retidão, em meio às veredas da justiça,

21 outorgando riquezas aos que me amam; oferecendo a estes prosperidade

A Sabedoria existe desde a eternidade

22 O SENHOR me possui como fundamento do seu Caminho, antes mesmo do princípio das suas obras mais antigas;

23 fui formada desde a eternidade, desde a origem de tudo, antes de existir a terra.

24 Nasci quando ainda nem havia abismos, quando não existiam fontes carregadas de água;

25 antes de serem estabelecidos os montes e de se formarem as colinas, eu já existia.

26 Ele ainda não havia formado a terra, tampouco os campos, ou as partículas de poeira com as quais fez o mundo.

27 Quando Ele estabeleceu os céus, lá estava Eu; quando delineou o horizonte sobre a superfície do abismo,

15Ewe, oozikumkani balawula ngam, neziphathamandla zilawula ngobulungisa nje ndim.

16Bonke abasemagunyeni bancedwa ndim lo: oomatshawe, noozikhulu, nabagwebi ngokwabo.

17Kaloku ndiyabathanda abo bandithandayo, futhi ndiyafumaneka kwabo bandifunayo.

18Ndibathi jize ngesihomo nendyebo, batsho babe nobutyebi obuzinzileyo nenkqubela.

19Inzala engenxa yam ingaphezu kwayo negolide; imveliso yam iyayibetha neyona siliva.

20Ihambo yam bubulungisa bodwa; iindlela zam zifanelekile.

21Ubutyebi lilifa endibanikayo abo bandithandayo; ndibathi jize ngoovimba abaphuphumayo.

22“Ekuqalekeni kwendalo kaNdikhoyo mna ndandikho ndingowakhe; ewe, ndandikho ingekabikho imisebenzi yakhe yamandulo.

23Mna wandiqingqa kwasephakadeni, kuqala ngqa, nehlabathi lingekabikho.

24Ndavela engekabikho namanzi anzongo-nzongo, tanci ingekaveli nemithombo ephuphuma amanzi.

25Ndingowokuqala phambi kwazo neentaba; neenduli zilibone emva kwam ilanga.

26Ndabakho ungekabikho umhlaba neentili zawo; ewe, kwakungekabikho nothuli olu ehlabathini!

27Ndandikho ekumiselweni kwamazulu nguThixo, xa wayetwabulula isibhakabhaka kumanzi anzongo-nzongo.

[28] quando fixou as nuvens em cima e estabeleceu as fontes do abismo,

[29] quando determinou as fronteiras do mar para que as águas não ultrapassassem seu ordenamento, quando assinalou as balizas dos alicerces da terra,

[30] então, Eu estava com Ele e cooperei em tudo como seu arquiteto. Dia após dia tenho sido o seu prazer, sempre me sentindo muito feliz a seu lado.

[31] Regozijando-me com o mundo que Ele criou, e me alegrando com os seres humanos!

[32] Agora, pois, filhos meus, ouvi-me atentamente, porquanto muito felizes serão os que guardarem os meus decretos!

[33] Ouvi o meu ensino e sereis sábios, não rejeites a minha instrução.

[34] Bem-aventurado todo aquele que me dá ouvidos, vigiando dia a dia à minha porta, aguardando com esperança às ombreiras da entrada da minha casa.

[35] Porquanto, toda pessoa que me encontra, acha a vida e ganha o favor do SENHOR.

[36] Todavia, aquele que decide afastar-se de mim, a si mesmo se flagela; todos os que me desprezam, amam a morte!”

Provérbios 9

O banquete da Sabedoria

[1] A Sabedoria edificou a sua casa; ergueu suas sete colunas.

[2] Charqueou as melhores carnes do rebanho para o banquete, preparou seu vinho com especiarias e arrumou sua grande mesa.

[28]Xa wayesambathisa isibhakabhaka ngamafu ndandilapho, nangokuya wayeseka imithombo yeelwandle ndandikho.

[29]Ndandilapho xa wayemisa imida yolwandle, xa wayesithi: ‘Latyuza, kodwa ungagqithi apha.’ Ekuzimiseni kwakhe iziseko zehlabathi ndandikho.

[30]Ewe, ndayingcali yomsebenzi, ndiyintonga yakhe yasekhosi; ndandizele yimincili iimini ngeemini, ndivuya apho ecaleni kwakhe.

[31]Ngenene ndandichulumacha kulo elimiweyo; ndandiziva ndinemihlali phakathi koluntu.

[32]“Ngoko ke, bonyana, ndiphulaphuleni, kuba banoyolo abo bahamba ngeendlela zam.

[33]Yamkeleni ingqeqesho, ukuze nibe zizilumko; sanukuyityeshela, koko bambelelani kuyo.

[34]Unenyhweba kambe umntu ondiphulaphulayo; nditsho lowo uhlala enkundleni yam yonke imihla, osoloko elindile emasangweni am phaya.

[35]Ozuze mna ke ubufumene ubomi; uxhamla ukwaneliseka kukaNdikhoyo.

[36]Kambe ke yena ondiphosileyo uzenzakalisile; kanti ke lowo undithiyileyo uthand' ukufa.”

Izafobe 9

Isimemo sobulumko

[1]Ubulumko buyakhile indlu yabo, bayenzela iintsika ezisixhenxe.

[2]Ubulumko buxhelile, bayixuba newayini; kwaye netafile sebuyidekile.

[3] Já deu ordens às suas servas para proclamarem os convites desde o ponto mais alto da cidade, anunciando:

[4] "Vinde todos vós, os incautos!" Aos insensatos e desajuizados conclama:

[5] "Vinde, comei do meu pão e bebei do vinho que preparei.

[6] Abandonai a insensatez e vivei; andai pelo Caminho do arrependimento!

[7] O que censura o zombador traz afronta sobre si; quem repreende o ímpio mancha o próprio nome.

[8] Portanto, não admoestes o escarnecedor, para que não te aborreça; repreende o sábio, e ele te amará!

[9] Orienta a pessoa que tem sabedoria, e ela será ainda mais sábia; ensina o homem justo, e ele aumentará em muito o seu saber.

[10] O temor do SENHOR é a chave da sabedoria e conhecer a Divindade é alcançar o pleno sentido do conhecimento!

[11] Porquanto por meu intermédio os teus dias serão multiplicados, e o tempo da tua vida se prolongará.

[12] Se fores sábio, o benefício será todo teu; contudo, se fores zombador sofrerás as consequências da tua própria escolha".

[13] A Insensatez é mulher sensual, exibicionista e ignorante!

[14] Sentada à porta de sua casa, no ponto mais alto da cidade,

[15] propagandeia sua proposta aos que transitam por ali em seus caminhos:

[3]Buthume izicakazana ukuba zime ezindulini, zazise apho edolophini, zithi:

[4]"Yizani nonke, nina bangaqondiyo." Kanti ke kwabaswele ukuqonda buthi:

[5]"Ngenani nitye ukutya endikulungisileyo, nisele newayini endiyixubileyo.

[6]Lahlani ubuyatha, khon' ukuze niphile; hambani ngendlela yeengqondi.

[7]"Othethisa umgxeki uzibizela ukuthukwa; okhalimela isikhohlakali udibana nokunyeliswa.

[8]Sukuziduba ngokululeka umgxeki kuba wosuka akucaphukele; kambe ke wakululeka isilumko sitsho sikuhloniphe.

[9]Wakusifundisa isilumko sitsho silumke ngaphezulu. Ukuba uyalicebisa ilungisa litsho longeze ulutho kulwazi lwalo.

[10]"Isiseko sobulumko kukuthobela uNdikhoyo; umntu omaziyo oyiNgcwele kanye uzuza ingqiqo.

[11]Mna bulumko ndoyenza ibe mininzi imihla yakho, ndiyongeze iminyaka yobomi bakho.

[12]Xa usisilumko woncedwa bubulumko bakho; kanti xa ungumgxeki iya kuba nguwe kanye ohluphekayo."

Isimemo sobudenge

[13]Umfazi onguNobudenge usoloko engxola; yindlavinikazi engazi nto.

[14]Uthanda ukuhlala emnyango endlwini yakhe okanye kwiindawo eziphezulu edolophini,

[15]ufike selemana ekhwaza abantu abadlula ngendlela, behamba bexakeke yimicimbi yabo,

[16] "Vinde todos vós, os incautos!" E aos que não têm bom senso ela convida:

[17] "A água roubada é doce, e o pão que se come escondido é ainda mais saboroso!"

[18] Contudo, eles nem imaginam que exatamente ali residem os espíritos dos condenados à morte, que os seus convidados estão todos nas regiões mais profundas

[16]esithi: "Yizani apha nonke, nina bangaqondiyo!" Kwabaswele ukuqonda uthi:

[17]"Akamnandi ngako amanzi abiweyo! Kanti ke nokutya okutyiwa ekufihlekeni kokona kunencasa."

[18]Abamphulaphulayo abaqondi ukuba kukufa okubalindele apho; abazi ukuba abo bakhe bamtyelela xa kungokunje bakwelabafileyo.

Provérbios 10

Provérbios acerca de vários assuntos

[1] Provérbios de Salomão: O filho sábio alegra o coração do seu pai, mas o filho insensato é a tristeza de sua mãe.

[2] Os tesouros que são fruto da desonestidade de nada valem, mas a justiça livra da morte.

[3] O SENHOR não permite que o justo venha a passar fome, mas abate a ambição

[4] As mãos preguiçosas empobrecem o ser humano, porém as mãos laboriosas lhe

[5] Aquele que faz a colheita no verão é filho sensato, mas aquele que dorme durante

[6] Sobre a cabeça do justo há bênçãos, mas na boca dos perversos reside a brutalidade.

[7] A memória do justo é abençoada, mas o nome dos perversos cai em podridão.

[8] O sábio de coração aceita os mandamentos, mas o insensato de lábios vem

Izafobe 10

Izafobe zikaSolomon

[1]Nazi izafobe zikaSolomon: Unyana osisilumko ulibhongo likayise, ke yena osisityhakala ungumva-ndedwa kanina.

[2]Ubutyebi obufunyenwe ngobuqhophololo abuphumelelisi, kodwa ke kona ukuziphatha kakuhle kuhlangula ekufeni.

[3] UNdikhoyo soze abayeke abantu abalungileyo balambe, kambe ke zona izikhohlakali uyazithintela ingafezeki iminqweno yazo.

[4]Umntu oqhokrwe izandla uba lihlwempu; ke yena okhutheleyo uba sisityebi.

[5]Unyana oxakekayo evuna ngexesha lokuvuna ukhaliphile; kambe ke yena olalayo xa isivuno silungile lihlazo.

[6]Amalungisa athiwa jize ngesithsaba sentsikelelo, ke zona izikhohlakali ubundlobongela zibufihla ngokuthetha.

[7]Kuyintsikelelo ukukhumbula amalungisa, kambe ke lona igama lezikhohlakali liyaphutha.

[8]Umntu onengqondo uyayiphulaphula imiyalelo; kambe ke sona isityhakala esilavuzayo siya kubhanga.

[9] Quem caminha com integridade anda em segurança, mas quem segue por trilhas

[10] Aquele que se comunica com olhares maliciosos provoca infelicidades, assim

[11] Os lábios do justo são fonte de vida, mas a boca dos ímpios abriga a violência.

[12] O ódio provoca contendas, mas o amor cobre todas as transgressões.

[13] Nos lábios do prudente se encontra a sabedoria, mas a vara da repreensão é para as costas do desajuizado.

[14] Os sábios acumulam conhecimento, mas a boca do néscio é um atalho para

[15] Os bens dos ricos são sua cidade fortificada, mas a pobreza é a humilhação dos pobres.

[16] O salário do justo lhe proporciona uma vida feliz, mas as rendas do perverso o conduzem ao castigo.

[17] Quem recebe bem a disciplina conhece o caminho da vida, mas quem ignora a repreensão desencaminha a si e aos outros.

[18] Quem esconde o ódio tem lábios falsos, e quem espalha calúnia é insensato.

[19] Quando se fala demais é certo que o pecado está presente, mas quem sabe controlar a língua é prudente.

[20] A língua dos justos é prata da melhor qualidade, mas o coração dos ímpios quase não tem valor.

[21] As palavras dos justos alimentam muitas pessoas, mas os insensatos morrem

[9]Umntu onyanisekileyo uhamba engaxhalele nto; ke yena onamaqhinga uya kubhaqwa.

[10]Umntu oyivalela amehlo inkohlakalo ubangela intlupheko, kambe ke isityhala esilavuzayo siya kubhanga.

[11]Amazwi omntu olilungisa angumthombo wobomi; kanti ke zona izikhohlakali ubundlobongela zibufihla ngokuthetha.

[12]Intiyo iphembelela ingxabano; ke lona uthando luyazingcwaba zonke izono.

[13]Umntu oqondayo uthetha ubulumko, kanti ke umhlana wesinyabi ufanelwe yintonga.

[14]Isilumko siyaluqoqosha ulwazi, kanti ke kona ukuthetha kwesityhakala kuza nentshabalalo.

[15]Ubutyebi besinhanha lixhadi laso; ke bona ubuhlwempu yintshabalalo yosweleyo.

[16]Ilungisa lixhamla ubomi ngemigudu yalo; ke yona inzuzo yesikhohlakali iphelela esonweni.

[17]Umntu oyithobelayo ingqeqesho usekhondweni lobomi; ke yena ongaphulaphuliyo ulahlekene nendlela.

[18]Umntu oyifihlayo intiyo lixoki; ke yena osasaza iindaba zolwimi sisiyatha.

[19]Ekuthetheni kakhulu isono sidla ngokubakho, kambe ke ozibambayo ekuthetheni unengqiqo.

[20]Amazwi elungisa afana nesiliva ecwengileyo; ke zona iingcinga zesikhohlakali ziphuthile.

[21]Amazwi omntu onengqondo ayinzuzo kwabaninzi; kanti ke zona izityhakala zibulawa kukungayisebenzisi ingqondo.

[22] A bênção do SENHOR produz riqueza e não provoca sofrimento algum.

[23] Para o insensato, praticar a iniquidade é um divertimento; mas o ser humano verdadeiramente inteligente deleita-se na sabedoria.

[24] Aquilo que teme o ímpio, isso mesmo lhe acontecerá; o que os justos esperam lhes será concedido.

[25] Como passa a tempestade, assim desaparece o perverso, mas o justo permanecerá firme para sempre.

[26] Como vinagre para os dentes e fumaça para os olhos, assim é o preguiçoso para aqueles que o supervisionam.

[27] O temor do SENHOR prolonga os dias da nossa existência, mas o tempo de vida dos perversos será abreviado.

[28] O objetivo do justo será concluído com alegria, mas as ambições dos ímpios darão em nada.

[29] O Caminho do SENHOR é o refúgio dos íntegros, entretanto, será a destruição de todos os que praticam o mal.

[30] Os justos jamais serão definitivamente abalados, mas os ímpios pouco permanecerão na terra.

[31] A boca do justo produz sabedoria, mas a língua perversa será extirpada.

[32] Os lábios justos sabem como falar agradavelmente; entretanto, a boca dos ímpios

Provérbios 11

[22]Yintsikelelo kaNdikhoyo enika umntu ubutyebi; kambe ke yona ayihambi nazintsizi.

[23]Isiyatha siyavuya xa sisenza ubugwenxa; phofu ke yena umntu onengqondo uyabuvuyela ubulumko.

[24]Umntu okhohlakeleyo uzuza kanye le nto imnxunguphalisayo, kodwa yena olilungisa unikwa oko akufunayo.

[25]Zakufika iinkqwithela zimka nabo abantu abakhohlakeleyo; kanti ke bona abanyanisekileyo bema ngxishi ngonaphakade.

[26]Asinto umdintsi ukusetyenzelwa livila, nqwa neviniga emazinyweni okanye umsi emehlweni.

[27]Ukuthobela uNdikhoyo kuyabongeza ubomi bomntu; kanti ke yona iminyaka yezibhoja iyanqanyulwa.

[28]Ithemba lelungisa liza novuyo; ke lona ithemba lesikhohlakali liphelel' emoyeni.

[29]Indlela kaNdikhoyo yinqaba yamalungisa; kodwa ke yintshabalalo kwabenza ububi.

[30]Ilungisa alisoze libhukuqwe; ke yena okhohlakeleyo ngekhe eme elizweni.

[31]Umntu obhadlileyo uphuphuma ubulumko, kambe ke yena umntu ogqwethayo uya kunqunyulwa ulwimi.

[32]Umntu onengqondo uthetha amazwi afanelekileyo; kambe ke sona isikhohlakali sithetha amazwi akrwempayo.

Izafobe 11

[1] Deus tem ódio das balanças desonestas, mas os pesos exatos lhe dão prazer!

[2] Em vindo a arrogância, chega logo também a desonra, mas com os humildes está a sabedoria.

[3] A integridade dos justos os guia, mas a falsidade dos infiéis os aniquila.

[4] As riquezas acumuladas não terão valor algum no Dia da ira divina, mas a justiça livrará o fiel da morte.

[5] A retidão dos íntegros de coração lhes descortina o caminho justo, mas os ímpios são abatidos por sua própria perversidade.

[6] A integridade das pessoas justas as livrará, mas em sua malignidade os infiéis serão apanhados.

[7] Assim que o ímpio morre, toda a sua esperança perece com ele; todos os seus planos acabam em nada.

[8] O justo é salvo das tribulações, e elas são transferidas para o ímpio.

[9] O ímpio, com sua própria boca, destrói o próximo, mas os justos encontram a liberdade por meio do real conhecimento.

[10] Com a prosperidade dos justos toda a cidade fica feliz; quando os ímpios perecem há música e alegria no ar.

[11] Os justos abençoam a cidade por meio das bênçãos que recebem, mas pela boca dos perversos é destruída.

[1]UNdikhoyo umthiyile umntu osebenzisa isilinganiso esinegobe; kambe ke uyamthanda lowo usebenzisa isilinganiso esingenaxanasi.

[2]Umntu ozigwagwisayo uyakhawuleza ukuhlazeka; kambe ke kona ukuzithoba kuhamba nobulumko.

[3]Ukunyaniseka kuyamalusa umntu othe ngqo, kodwa ke bona ubuqhokolo buyawabhangisa amaqhophololo.

[4]Ubutyebi bomntu abumsindisi kwingqumbo kaThixo; sisimo esisulungekileyo kuphela esimhlangulayo umntu ekufeni.

[5]Indlela yabantu abamsulwa igudiswa sisimo sabo; ke bona abakhohlakeleyo bawiswa yinkohlakalo yabo.

[6]Isimilo siyamsindisa umntu othe ngqo; kodwa bona abangcatshi babhajiswa kukunyoluka.

[7]Akufa umntu okhohlakeleyo amathemba akhe ayadaka, nokukholosa kwakhe ngamandla akhe kuyaphutha.

[8]Umntu olilungisa uyahlangulwa enkathazweni – endaweni yakhe iwa phezu kwesikhohlakali.

[9]Umlomo womntu ongakhathalele Thixo wenzakalisa ummelwane wakhe; ke bona abathobela uThixo balondolozwa lulwazi.

[10]Inkqubela yamalungisa itsho uchulumance umzi wonke; kanti ke ukufa kwezikhohlakali kutsho kuhlokome yimivuyo.

[11]Isixeko siyaphakanyiswa sakuthamsanqelwa ngabantu abathe ngqo; kambe ke wona amazwi ezikhohlakali ayasitshabalalisa isixeko.

[12] O que despreza o próximo é falto de senso, mas a pessoa prudente sabe o momento de se calar.

[13] O fofoqueiro trai a confiança de quem quer que seja, mas aquele que guarda um segredo merece crédito.

[14] Não havendo sábia direção, toda a nação é arruinada; o que a pode restaurar é o conselho de muitos sábios.

[15] Quem serve de fiador com certeza sofrerá as consequências; entretanto, quem evita assumir a responsabilidade de outrem estará seguro e em paz.

[16] A mulher gentil e honrada alcança o respeito de todos, mas os homens perversos só conquistam bens materiais.

[17] Quem faz o bem aos outros, a si mesmo o faz; a pessoa cruel provoca sua própria ruína.

[18] O ímpio recebe pagamentos enganosos, mas quem semeia a justiça colhe segura recompensa.

[19] Tão certo como a retidão conduz a uma vida feliz, assim o que segue o maligno corre para sua própria morte.

[20] O SENHOR detesta todas as pessoas perversas de coração, mas aqueles que andam em integridade de coração são a sua alegria.

[21] Tendes todos esta certeza: os maus não ficarão sem o devido castigo, mas os justos serão perdoados!

[22] Como anel de ouro em focinho de porco, assim é a mulher bonita, mas indiscreta.

[12]Umntu ongenangqondo uyabanyemba abanye abantu; ke yona ingqondi ithi cwaka.

[13]Umntu ongenasifuba uyazidiza iimfihlelo; kambe ke yena othembekileyo uyaligcina ihlebo.

[14]Isizwe esingenamcebisi siyawa; kanti ke xa sinabacebisi abaninzi siba luqilima.

[15]Umntu omela omnye angamaziyo uyenzakala; ke yena ongavumiyo ukubamba isandla somnye ebhambathisa ukhuselekile.

[16]Umfazi onesimilo uyahlonitshwa; ke wona amadoda aziindlavini azizuzela kuphela ubutyebi.

[17]Umntu onobubele uyazimaseka; kambe ke yena ongqwabalala uyazenzakalisa.

[18]Okuzuzwa ngumntu okhohlakeleyo ngenkohliso kuyaphela, phofu ke ohlala esenza okulungileyo ufumana umvuzo oqinisekileyo.

[19]Ubulungisa obububo busingisa ebomini; ke yena oleqa ububi usingisa ekufeni.

[20]UNdikhoyo ubathiyile abantu abantliziyo zinenkohlakalo; kanti ke ukholiswa ngabasimo sisulungekileyo.

[21]Ngokuqinisekileyo baya kohlwaywa abantu abenza izinto ezimbi; kambe ke bona abenza izinto ezilungileyo baya kusinda.

[22]Ubunzwakazi bomfazi ongenangqiqo bufana nomsesane wegolide empumlweni yehagu.

[23] As ambições dos justos resultam em bem para muitos; a esperança dos ímpios, somente em desgosto e ira.

[24] Quem dá com generosidade, vê suas riquezas se multiplicarem; outros preferem reter o que deveriam ofertar, e caem na pobreza.

[25] O generoso sempre prosperará; quem oferece ajuda ao necessitado, conforto receberá.

[26] O povo amaldiçoa aquele que esconde o trigo para alcançar maior preço, mas a bênção alcança aquele que logo se dispõe a atender o povo.

[27] Todas as pessoas que procuram o bem serão respeitadas; porém, o mal atropelará aquele que o busca.

[28] Quem deposita confiança em suas riquezas certamente se decepcionará, mas os justos florescerão como a folhagem verdejante.

[29] A pessoa que causa problemas para sua família herdará apenas o vento; e o falto de juízo acabará sendo servo do sábio.

[30] O fruto da justiça é árvore da vida, e toda pessoa que conquista almas é sábio.

[31] Se mesmo o justo é corrigido em sua caminhada na terra, quanto mais o ímpio e o pecador!

Provérbios 12

[1] Toda pessoa que deseja o conhecimento ama a disciplina; mas aquele que odeia a repreensão não tem juízo.

[23]Umnqweno womntu olilungisa uzala ubuhle; ke lona ithemba lesikhohlakali liza nengqumbo.

[24]Abanye abantu banezinwe kodwa bahambela phambili ngenkqubela; kanti ke bambi abasoluli isandla noko baya beswela ngokuswela.

[25]Umntu ophayo uba nenkqubela; ukuba ùyabanceda abanye abantu nawe uya kuncedwa.

[26]Abantu bayamshwabulela umntu okubandezayo ukudla; kanti ke bayamthamsanqela lowo ukuthengisayo.

[27]Umntu ofuna okuhle uzuza okulungileyo; phofu ke yena ozungula ububi uzuza kwabona.

[28]Umntu okholosa ngobutyebi bakhe uvuthuluka njengamagqabi ebusika; ke yena umntu ofanelekileyo uhluma njengamagqabi entlakohlaza.

[29]Umntu oyinkathazo ekhayeni udla ilifa elingumoya; sona isiyatha siba sisicaka sesilumko.

[30]Isiqhamo sâbo balungisayo ngumthi onika ubomi; umntu onobulumko uhlangula imiphefumlo yabantu.

[31]Umntu olilungisa umvuzo wakhe uwuzuza kwalapha emhlabeni; kobeka phi ke ukohlwaywa komqhankqalazi nomoni?

Izafobe 12

[1]Umntu oyithandayo ingqeqesho uthanda ulwazi; kodwa ke yena ongafuni kululekwa usisityhakala.

[2] O homem bom obtém o favor do SENHOR, mas o que engendra malignidades está sob a condenação do SENHOR.

[3] O ser humano não se estabelece por meio da perversidade, mas a raiz dos justos é firme e não será arrancada.

[4] A mulher virtuosa é coroa de honra para seu marido, mas a de atitudes vergonhosas é como podridão nos ossos dele.

[5] Os planos dos justos são honestos, mas as sugestões dos ímpios são sempre enganosas.

[6] As palavras dos perversos são armadilhas mortais, mas, quando os justos falam,

[7] Os ímpios são derrubados e desaparecem, mas a casa dos justos permanecerá

[8] O homem é honrado de acordo com a sua sabedoria, mas o que alimenta perversidades

[9] É melhor ser uma pessoa comum do povo, porém, que trabalha duro e mesmo assim, tem quem o sirva, do que fingir ser rico e passar fome.

[10] O justo zela com carinho dos seus rebanhos, mas até as atitudes mais amáveis dos ímpios são cruéis.

[11] Quem se dedica ao trabalho de sua própria terra colherá com fartura, mas o que vai atrás de ilusões é insensato.

[12] O perverso cobiça até os despojos saqueados pelos maus; a raiz dos justos, entretanto, produz seu fruto no tempo certo.

[2]Umntu oziphethe kakuhle uyathandwa nguNdikhoyo, kambe ke akamfuni umntu onamayelenqe.

[3]Akakho umntu onokuzinza eqamele ngenkohlakalo; kambe ke wona amalungisa amila abe neengcambu ezingenakugungqiswa.

[4]Umfazi ofanelekileyo yintshinga yendoda yakhe; ke yena umfazi oyithwalela amahlazo indoda yakhe ufana nempehla emathanjeni ayo.

[5]Iingcinga zamalungisa zinyanisekile; ke wona amacebo ezikhohlakali yinkohliso.

[6]Amazwi abantu abakhohlakeleyo ngawokulalela igazi; kambe ke wona amazwi abantu abathe ngqo ayasindisa.

[7]Sakukhiqwa isikhohlakali iyaphela intw' ebithethwa; kambe ke yona indlu yamalungisa ima imi.

[8]Umntu onengqondo uxatyisiwe; phofu ke yena osisidodo ngengqondo akazelwe nto.

[9]Kulungile ukuba ngongenagama, kodwa noko unaso isicaka, kunokuzenza isinhanha kodwa ulamba.

[10]Umntu olilungisa uyazazelelela iimfuno zezilwanyana zakhe; kodwa nezona zenzo zingathi zihle zesikhohlakali ziba ngqwabalala.

[11]Umntu olima amasimi akhe akasweli kutya; kambe ke bubuyatha ukulibala ngumsebenzi ongaphumi nto.

[12]Umntu okhohlakeleyo usoloko efuna amaxhoba azuzwe ngabantu abanobubi; ke yona ingcambu yezityalo zamalungisa iyachuma.

[13] O perverso cai em contradição e se enreda em seu próprio falar malicioso, mas o justo não se preocupa por falar francamente.

[14] Do fruto da sua boca, o ser humano conquista o que é bom para si, e o trabalho de suas mãos será recompensado.

[15] As trilhas do desajuizado aos seus próprios olhos parecem um ótimo atalho; antes de tudo, porém, o sábio inclina seus ouvidos para os conselhos.

[16] O tolo revela de imediato seu aborrecimento, mas a pessoa prudente ignora o insulto!

[17] A testemunha leal dá testemunho sincero, mas o falso depoente conta mentiras.

[18] As palavras do tagarela ferem como espada de dois gumes, todavia a língua dos sábios promove a cura.

[19] Os lábios de quem diz a verdade permanecem para sempre, mas a língua do mentiroso dura apenas um instante.

[20] O engano se apodera do coração dos que vivem planejando o mal, mas a alegria habita entre todos os que cooperam pela paz.

[21] Nenhum mal abaterá o justo, mas os perversos estão cobertos de problemas.

[22] O SENHOR tem ódio mortal da boca mentirosa; mas se compraz imensamente com os que falam a verdade!

[23] O homem sábio não alardeia seus conhecimentos, mas o coração dos sem juízo é como fonte a jorrar insensatez!

[24] As mãos zelosas e dedicadas governarão, mas os preguiçosos acabarão sendo forçados a trabalhar.

[13]Umntu ongento ubanjiswa kwangamazwi akhe agwenxa; ke lona ilungisa liyazikhulula enkathazweni.

[14]Umntu ufumana ulutho aneliswe sisiqhamo sokuthetha kwakhe; kananjalo umsebenzi womntu ubuyela kwakuye.

[15]Indlela yesityhakala ibonakala ilungile kwawaso amehlo; ke sona isilumko siyeva sakucetyiswa.

[16]Umntu osisiyatha uzibonakalisa kwangoko xa ecaphukile; kanti ke yena umntu oqiqayo akazidubi ngezithuko.

[17]Ingqina elinyanisekileyo lithetha inyaniso; ukanti ke ingqina elixokayo lisasaza ulwimi.

[18]Amazwi okulavuza ahlabanisela njengekrele; kambe ke wona amazwi ezilumko ayaphilisa.

[19]Inyaniso ima ngonaphakade; ke bona ubuxoki bobomzuzwana.

[20]Abo bantliziyo zinenkohliso ngabo abacebi bobubi; kambe ke abakhuthaza uxolo bazuza ulonwabo.

[21]Amalungisa akahlelwa bubi; ke bona abakhohlakeleyo baphahlwe ziinkathazo.

[22]UNdikhoyo uyamcaphukela umntu oxokayo, kodwa uyakholiswa ngonyanisekileyo.

[23]Umntu oqiqayo akalubhengezi ulwazi lwakhe; ke sona isiyatha sihamba sivakalisa ubudenge baso.

[24]Abakhutheleyo ngabo abaya kulawula; ke wona amavila aphelela kumsebenzi wobukhoboka.

[25] O coração ansioso deprime o ser humano, mas uma palavra de encorajamento o anima.

[26] O homem honesto é um bom guia para seus amigos, mas as trilhas dos ímpios os induzem ao erro.

[27] O preguiçoso não aproveita bem sua caça, mas o diligente dá valor a seus bens.

[28] No Caminho da justiça está a Vida; esse é o Caminho que nos livra da morte.

Provérbios 13

[1] O filho sábio acolhe a orientação do pai, mas o insensato não aceita a repreensão!

[2] Do fruto da boca, o ser humano se alimentará do bem, entretanto, a ambição dos ímpios é a crueldade.

[3] A pessoa que consegue guardar sua boca preserva a própria vida, todavia quem fala sem refletir acaba se arruinando.

[4] O preguiçoso ambiciona e nada alcança, mas os desejos daquele que se empenha na obra serão plenamente satisfeitos.

[5] Os justos odeiam tudo o que se parece com a mentira, mas os perversos produzem

[6] A justiça guarda o homem íntegro, mas a impiedade arruína o que vive praticando

[7] Alguns assumem falsamente o papel de ricos e prestigiosos, mas nada têm de fato; outros passam a ideia de que são pobres, mas possuem grandes riquezas!

[25]Amaxhala ayamtyhafisa umntu; ke wona amazwi enkuthazo ayahlaziya.

[26]Ilungisa limalathisa indlela ummelwane; ke yona indlela yabakhohlakeleyo iyabalahlekisa.

[27]Umntu onqenayo akayosi nenyamakazi le ayizingelayo; kodwa ke osebenzayo uzuza impahla exabisekileyo.

[28]Indlela yobulungisa isinga ebomini; ewe, yiyo leyo indlela engasingisi ekufeni.

Izafobe 13

[1]Unyana osisilumko uyayithobela ingqeqesho kayise; ke yena ongumgxeki akakufuni ukululekwa.

[2]Umntu ufumana ulutho axhamle isiqhamo sokuthetha kwakhe; kambe ke wona umnqweno wabantu abanganyanisekanga bubundlobongela.

[3]Lowo uwubopha ngomkhala umlomo wakhe ukhusela ubomi bakhe; kanti ke yena othetha gqitha uyazenzakalisa.

[4]Ivila liyanqwenela lingazuzi nto noko; kambe yena umntu okhutheleyo uyalangazelela aneliseke.

[5]Ilungisa libuthiyile ubuxoki, ukanti yena umntu okhohlakeleyo uthanda amanyondololo namahlazo.

[6]Ubulungisa bulondoloza ihambo yomntu othe ngqo; kanti ke inkohlakalo iyambhukuqa umoni.

[7]Abanye abantu ngathi zizityebi kanti abananto; bambi ke ngathi bahlwempuzekile kanti ke bemi kakuhle.

[8] As riquezas de uma pessoa servem de resgate para sua própria vida, mas o pobre jamais será ameaçado.

[9] O fulgor da luz dos justos brilha esplendidamente, mas a lâmpada dos perversos se apagará totalmente.

[10] A arrogância só produz contendas, mas a sabedoria está com aqueles que buscam conselho.

[11] O dinheiro arrecadado de maneira inescrupulosa se extinguirá, mas quem o conquista

[12] A expectativa que se adia deixa o coração adoecido, mas o anseio satisfeito renova o vigor da vida.

[13] Quem zomba da Palavra pagará caro por isso, mas aquele que obedece ao mandamento será regiamente recompensado.

[14] A instrução dos sábios é fonte de vida, e tem o poder de distanciar o ser humano das ciladas mortais.

[15] O bom entendimento conquista o favor, mas as estratégias dos ímpios não permanecerão por muito tempo.

[16] Toda pessoa prudente deve agir com sabedoria, mas o tolo torna pública toda a sua tolice.

[17] O mensageiro ímpio tropeça em sua própria malignidade, mas o emissário digno de confiança apresenta a salvação.

[18] Quem despreza a correção cai no escândalo e na pobreza, entretanto, quem acolhe a repreensão é abençoado com honra!

[8]Kusenokwenzeka ukuba ubutyebi bomntu bube yintlawulo yobomi bakhe; kanti ke lona ihlwempu alazani nokugrogriswa.

[9]Isibane selungisa siqaqambile; ke sona esomntu okhohlakeleyo siyancumeza.

[10]Ikratshi liphembelela ingxabano; ke bona ubulumko buzuzwa ngabo bamkela iingcebiso.

[11]Ubutyebi obufumaneka bumini buphuncuka lula; obufumaneka ngendlela ecothayo buya busanda ngokwanda.

[12]Umnqweno ongafezekiyo uyamngcungcuthekisa umntu; kanti ke wakufezeka umnqweno ufana nomthi onika ubomi.

[13]Umntu ozidelayo iziluleko uzibizela intshabalalo; kambe ke yena owuhlonelayo umyalelo uya kuba nomvuzo.

[14]Imfundiso yesilumko ngumthombo wobomi, kuba umntu imhlangula kwizabatha zokufa.

[15]Umntu oqiqayo uyahlonelwa; kanti ke yona indlela yabangathembekanga iyadaka.

[16]Umntu onengqondo uyaqiqa phambi kokuba ayenze into, kodwa yena umntu osisiyatha uyabudandalazisa ubutyhakala bakhe.

[17]Umthunywa ongathembekanga uzifaka enkathazweni; kambe ke yena onyanisekileyo uzisa ukuphila.

[18]Umntu ongakhathalele ngqeqesho ulandelwa kukuhlazeka nobuhlwempu, ke yena oziphulaphulayo iziluleko uyahlonelwa.

[19] A esperança que se realiza satisfaz e alegra a alma; o tolo, contudo, jamais se

[20] Aquele que caminha com os sábios será cada vez mais sábio, todavia aquele

[21] A infelicidade persegue os pecadores, mas a prosperidade é a recompensa dos sábios.

[22] O homem bom deixa sua herança para os filhos de seus filhos, mas toda a riqueza dos ímpios é acumulada para ser distribuída aos justos.

[23] A boa terra dos pobres produz generosas colheitas, mas por falta de justiça eles a perdem.

[24] Quem se nega a disciplinar e repreender seu filho não o ama; quem o ama de fato não hesita em corrigi-lo.

[25] O sábio recebe o suficiente para satisfazer plenamente seu apetite; a alma dos perversos, contudo, sempre está faminta.

Provérbios 14

[1] A mulher sábia edifica a sua casa, mas com as próprias mãos a insensata destrói o seu lar.

[2] A pessoa que caminha na retidão teme ao SENHOR, mas o que anda por atalhos sinuosos, esse não leva Deus a sério.

[3] A conversa do perverso traz a vara para suas próprias costas, mas os lábios dos sábios os protegem.

[4] Não havendo bois, o celeiro fica vazio, mas por intermédio da força bovina vem a grande colheita.

[19]Ukufezeka komnqweno luyolo emphefumlweni. Iziyatha ziyakucekisa ukwahlukana nobubi.

[20]Umntu ovana nezilumko naye uba sisilumko; ke yena otshomana nezityhakala uyenzakala.

[21]Umoni uthiwa mbende ngamashwa, kanti ke yena olungisayo uvuzwa ngenkqubela.

[22]Umfo obhadlileyo ubashiyela ilifa abazukulwana bakhe, ke bona ubutyebi besityhakala lilifa lamalungisa.

[23]Umhlaba oqala ukulinywa ungawanika ukudla okuninzi amahlwempu, kambe ke xa kungekho bulungisa kutshayelwa kuphele.

[24]Umntu ongalusebenzisiyo uswazi umthiyile umntwana wakhe; kanti ke yena omthandayo uyamqeqesha ngokufanelekileyo.

[25]Umntu olilungisa utya aneliseke, ukanti isisu sokhohlakeleyo sambathwa liphango.

Izafobe 14

[1]Umfazi onobulumko uyawakha umzi wakhe; kanti ke yena ongenangqondo uyawuchitha ngezakhe izandla.

[2]Ohlonela uNdikhoyo uhamba ngokuthe tye; ke yena omdelayo iindlela zakhe ziphambukile.

[3]Umntu onekratshi ukuthetha kwakhe kumhlisela ukohlwaywa; ke wona amazwi esilumko ayasikhusela.

[4]Apho kungekho nkabi zankomo umkhombe wesitali uba zé; ngamandla enkabi yenkomo kunokuzuzwa ingeniso eninzi.

[5] A testemunha verdadeira não usa de ardis, mas a falsa transborda em mentiras.

[5]Ingqina elinyanisekileyo alibuthethi ubuxoki, kodwa ke lona elixokayo liphuphuma lulwimi.

[6] O escarnecedor busca sabedoria e nada encontra, entretanto, o conhecimento chega facilmente ao coração daquele que possui discernimento.

[6]Umgxeki ubufuna ancame ubulumko, kanti ke yena umntu oqiqayo uluzuza lula ulwazi.

[7] Foge da presença do tolo, porquanto nele não encontrarás qualquer sombra de juízo e bom senso.

[7]Musa ukutshomana nomntu osisiyatha, kuba awuyi kuzuza nto ibhadlileyo emlonyeni wakhe.

[8] A sabedoria da pessoa prudente é discernir seu próprio caminho, mas a insensatez dos perversos é absolutamente enganosa.

[8]Ubulumko bomntu onengqondo bumenza ayichane indlela yakhe; ukumatha komntu osisityhakala kubanga inkohliso.

[9] Os insensatos zombam do mandamento de reparar o pecado cometido, mas entre os justos há humildade e correta atitude.

[9]Idini letyala elenziwa zizimathane yintlekisa, kanti ke abathe ngqo baxhamla imvisiswano.

[10] Cada coração conhece bem suas próprias mágoas, e da sua alegria não participará o estranho.

[10]Intliziyo nganye iyabazi obayo ubukrakra, kanti akukho bani wahlulelana nayo ngovuyo lwayo.

[11] A casa dos ímpios será destruída, mas o tabernáculo dos justos florescerá.

[11]Umzi womntu okhohlakeleyo uya kutshatyalaliswa; ke wona umzi womntu othe ngqo uyabalasela.

[12] Há caminhos que ao ser humano parecem ser as melhores opções de vida, mas ao final conduzem à morte.

[12]Kukho indlela ebonakala ngokungathi ilungile emntwini, kodwa isiphelo sayo sisa ekufeni.

[13] Mesmo no riso a alma pode sofrer, e a euforia pode acabar em tristeza.

[13]Nokuba ubani uyahleka usenokuba nomva-ndedwa, nesiphelo soko kuchwayita sibe sisingqala.

[14] Os infiéis receberão o devido pagamento por sua conduta, mas o homem bom será regiamente recompensado.

[14]Umntu onganyanisekanga uvuna loo nto ayilimileyo, kanti nomntu olungileyo utya isimilo sakhe.

[15] O incauto acredita em toda informação que recebe, mas o homem prudente observa bem onde pisa.

[15]Umntu ongaqondiyo ukholelwa yinto yonke; kanti ke yena oqiqayo uhlab' ekhangele.

[16] O sábio teme o SENHOR e evita o mal, mas o tolo age com impetuosidade e sem refletir.

[16]Umntu onengqondo uhlala egcisile, ayiphephe inkathazo; ke sona isityhakala asikhathali, siyatyhuthuza.

[17] A pessoa que se ira muito rapidamente faz loucuras, e o homem que vive tramando ciladas é odiado.
[18] Os incautos herdam a insensatez, mas o conhecimento é a coroa dos prudentes.
[19] Os maus haverão de se humilhar diante dos homens de bem, e os perversos suplicarão misericórdia às portas da justiça.
[20] Os pobres são evitados até por seus próprios vizinhos, mas inúmeros são os amigos dos ricos.
[21] Quem despreza o próximo comete pecado, mas bem-aventurado é quem trata com bondade todos os necessitados!
[22] Acaso, não é certo que pecam os que tramam o mal? Mas os que planejam o bem encontram amor e lealdade.
[23] Em todo trabalho dedicado há proveito; meras palavras, contudo, conduzem à pobreza.
[24] Os sábios são coroados com riquezas, mas a recompensa do insensato são suas próprias tolices.
[25] A testemunha que fala a verdade salva vidas, mas aquele que declara falsidades é enganoso.
[26] Aquele que teme ao SENHOR é abençoado com todo amparo e segurança, força e refúgio também para seus filhos.

[27] O temor do SENHOR é fonte de vida, e é capaz de nos afastar das ciladas da morte.

[28] Na multidão das pessoas que governa está a glória do rei; sem o povo, o príncipe não é nada!

[17]Umntu ocaphuka msinya wenza izinto zobudenge; umntu onobuqhopholololo uyathiywa.
[18]Umntu ongaqondiyo uvuna ubutyhakala; ke yena onengqondo uthiwa jize ngolwazi.
[19]Abantu abagwenxa baya kuqubuda phambi kwabo balungileyo, bakhahlele emasangweni amalungisa.
[20]Ihlwempu libukulwa nditsho nangummelwane; kanti ke yena umntu omi kakuhle unezihlobo ezininzi.
[21]Umntu omdelelayo ummelwane wakhe uyona, kambe ke olenzela ububele ihlwempu, hayi inyhweba yakhe!
[22]Abayi kulahleka na abo bayila ububi? Inceba nenyaniso ikwabo baceba okulungileyo.
[23]Ekubulalekeni kukusebenza kukho umvuzo; ke yena olibala kukuncokola wambathwa bubuhlwempu kuphela.
[24]Abantu abazizilumko bathiwa jize ngobutyebi; ke bona ubutyhakala beziyatha buvelisa ubutyhakala.
[25]Ingqina elinyanisekileyo liyabasindisa abantu; kodwa ke lona elixokayo liyakhohlisa.
[26]Umntu omhlonelayo uNdikhoyo unenqaba eluqilima; nabantwana bakhe bazimela kuyo.
[27]Isiseko sobomi kukuthobela uNdikhoyo; umntu kuyamphephisa kwizirhintyelo zokufa.
[28]Ubuhandiba bokumkani buxhomekeke kubuninzi babantu bakhe; kambe bengekho abantu bokulawulwa itshawe alinto.

[29] A pessoa que se mantém calma dá prova de grande sabedoria, mas o precipitado revela publicamente sua falta de juízo.

[29]Umntu onomonde uba nengqiqo; kambe ke yena ocaphuka msinya usuka enze ubudenge.

[30] A paz de espírito é saúde para o corpo, mas a inveja corrói como o câncer.

[30]Umntu ozolileyo uba nempilo; ke lona ikhwele yimpehla emathanjeni.

[31] Oprimir o povo é ultrajar o seu Criador, mas tratar com bondade o pobre é honrar a Deus.

[31]Umntu ocinezela ihlwempu ugxeka uMdali walo; ke yena obalungiselelayo abahlelelekileyo udumisa uMdali.

[32] Por meio da sua própria malignidade, o perverso é derrubado; os justos, entretanto, ainda que diante da morte, encontram consolo e esperança.

[32]Umntu okhohlakeleyo ubhangiswa bububi bakhe; kanti ke yena olilungisa unenqaba azimela ngayo nasekufeni.

[33] No coração do prudente habita a sabedoria, mas tudo o que existe na alma dos tolos vem a público.

[33]Ubulumko busekhaya kumntu obhadlileyo; kanti buyazibika naphakathi kweziyatha.

[34] A justiça engrandece as nações, mas o pecado é uma vergonha para qualquer povo.

[34]Ubulungisa buyasiphakamisa isizwe; ke sona isono lihlazo nakwesiphi na isizwe.

[35] O servo prudente recebe as recompensas do rei, mas o que procede indignamente será alvo do castigo real.

[35]Ukumkani uyakholiswa liphakathi elilumkileyo, kodwa umsindo wakhe uyavutha kowenza okuziintloni.

Provérbios 15

Izafobe 15

[1] A resposta branda desvia o furor, mas a palavra ríspida desperta a violência.

[1]Impendulo ethambileyo iyawuthibaza umsindo, kanti ke wona amazwi akrwempayo ahlobisa igazi.

[2] A língua dos sábios torna o ensino interessante, mas a boca dos insensatos é fonte de tolices.

[2]Izilumko ziphokoza ulwazi xa zithethayo; kanti ke zona izityhakala zithulula ubudenge.

[3] Os olhos do SENHOR estão em toda parte: Ele observa atentamente os maus e os bons!

[3]UNdikhoyo uyazibona zonke izinto ezenzekayo; ubakhangele abenza okubi nokulungileyo.

[4] As palavras bondosas revigoram a nossa vida, entretanto o falar perverso desanima o espírito.

[4]Amazwi axolelanisayo angumthi wobomi; ke wona awenkohlakalo ayawaphula umoya.

[5] O tolo despreza as orientações de seu pai, mas quem compreende bem a repreensão demonstra sabedoria.

[5]Umntu ongaqiqiyo akayikhathalele imfundiso kayise; kambe ke yena ozamkelayo iziluleko unengqondo.

[6] A casa do justo contém grande tesouro, mas os rendimentos dos ímpios lhes trazem preocupação.
[7] As palavras dos sábios divulgam conhecimento; mas o coração dos insensatos não procede assim.
[8] O SENHOR detesta as ofertas e sacrifícios dos ímpios, mas a oração dos justos é o seu contentamento.

[9] O SENHOR odeia as trilhas dos perversos, mas ama quem segue a justiça.

[10] Há um severo castigo para quem abandona o caminho do bem, e quem não suporta ser corrigido encontrará a morte.
[11] O Além e o Inferno estão abertos diante do SENHOR, quanto mais os corações dos homens!
[12] O escarnecedor não gosta de quem o corrige, tampouco busca a ajuda dos sábios.
[13] A alegria do coração ilumina todo o rosto, mas a tristeza da alma abate todo o corpo.
[14] O coração que sabe discernir busca o conhecimento; todavia, a boca dos insensatos alimenta-se de tolices.
[15] Todos os dias são tristes para os que mantêm o coração aflito, mas a vida é agradável para as pessoas que buscam alegrar a alma.
[16] É melhor possuir poucos bens com o temor do SENHOR do que ser rico e viver infeliz.

[17] É melhor comer um prato de hortaliças, onde há amor, do que ter um boi cevado acompanhado de ódio na refeição.

[6]Ubutyebi buyagcinakala emzini womntu olungileyo; kanti ke yona ingeniso yesikhohlakali isiphathela inkathazo.

[7]Umlomo wesilumko usasaza ulwazi; phofu ke akunjalo kwintliziyo yesityhakala.

[8]Amadini omntu okhohlakeleyo alisikizi kuNdikhoyo, kambe ke uyayamkela imithandazo yabantu abathe ngqo.
[9]UNdikhoyo uyazicaphukela iindlela zabantu abakhohlakeleyo, kodwa uyabathanda abo bathene mbende nezinto ezifanelekileyo.
[10]Umntu ophambukayo endleleni wohlwaywa qatha; ke yena okuthiyileyo ukululekwa uya kufa.
[11]Ingcwaba nelabafileyo azifihlakalanga kuNdikhoyo; zibeka phi ke ukungafihlakali iingcamango zomntu kuye?
[12]Abagxeki abafuni kucetyiswa, bengafuni nokuya nakwizilumko.
[13]Umntu oxolileyo ukhangeleka enemihlali, kanti ke yena oneenzingo uyanxuba.
[14]Umntu onengqondo usoloko elangazelela ukufunda; kanti ke sona isidovela saneliswa kukumatha.
[15]Yonke imihla yomntu olusizana ngamabona-ndenzile, kambe ke kumntu ochwayithileyo ubomi busoloko bufana netheko.
[16]Kubhetele ukuba lihlwempu elihlonela uNdikhoyo kunokuba sisinhanha esiphethwe ngamaxhala.
[17]Xa ukho umoya wobudlelwana akunani nokuba utya imifuno, ndaweni yokutya inyama yenkomo etyetyisiweyo ikhatshwa yintiyo.

[18] A pessoa que se irrita facilmente provoca dissensão, mas o paciente acalma as discussões.
[19] O preguiçoso encontra obstáculos por onde quer que passe, mas a vereda dos justos é uma estrada plana.
[20] O filho sábio proporciona alegrias a seu pai, mas o insensato despreza sua própria mãe.
[21] As tolices alegram quem não tem bom senso, mas a pessoa de entendimento prefere as atitudes corretas.
[22] Onde não existe conselho fracassam os bons planos, mas com a cooperação de muitos conselheiros há grande êxito.
[23] Expressar a própria opinião é motivo de alegria; e como faz bem o conselho certo na hora necessária!
[24] A pessoa sábia escolhe o Caminho da vida, que conduz para cima, e assim evita as trilhas que descem para o inferno.
[25] O SENHOR derruba a casa do arrogante; entretanto, mantém intactos os limites da propriedade da pobre viúva.
[26] Abomináveis são para o SENHOR os pensamentos dos maus, porém Ele se agrada sobremaneira de palavras sinceras ditas com bondade.
[27] O avarento coloca sua própria família em apuros, mas quem repudia o suborno viverá mais e melhor.
[28] O justo medita antes de responder, mas a boca dos ímpios faz jorrar o mal.
[29] O SENHOR está longe dos perversos, mas seus ouvidos estão próximos à oração dos justos.

[18]Umntu onephuku uphembelela uqhushululu; kanti ke yena onomonde uyayiphelisa ingxabano.
[19]Indlela yevila soloko ibekelwe ameva; phofu ke yona eyabathe ngqo iphangalele.
[20]Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise; ke yena umntu osisiyatha uyamdela unina.
[21]Umntu ongabhadlanga engqondweni uvuyiswa bubi, ke yena onengqondo ihambo yakhe ithe ngqo.
[22]Apho kungekho kucebisana izicwangciso ziyabhanga, kanti ke apho kukho abacebisi abaninzi ziyaphumelela.
[23]Hayi ukuvuya komntu oyaziyo impendulo echanekileyo! Ewe, ilizwi elithethwe ngexesha elililo lihle kunene.
[24]Indlela yomntu onengqondo isinga phezulu ebomini; yena uyayiphepha indlela ehlayo eya kwelabafileyo.
[25]UNdikhoyo uyayidiliza imizi yabantu abanekratshi; kanti ke uyawukhusela umhlaba womhlolokazi.
[26]UNdikhoyo uyazicaphukela iingcinga zabantu abagwenxa; kanti ezabanyulu zamkelekile kuye.
[27]Umntu onyolukileyo uyihlisela inkathazo indlu yakhe; ke yena okuthiyileyo ukunyotywa uya kudla ubomi.
[28]Umntu olilungisa uyacinga phambi kokuba aphendule; ke wona umlomo womntu okhohlakeleyo uphuphuma ububi.
[29]UNdikhoyo ukude kubantu abakhohlakeleyo; phofu ke uyayiphulaphula imithandazo yamalungisa.

[30] Um olhar amigo consola e anima o coração; uma boa notícia revigora a alma.

[31] Quem acolhe bem a repreensão construtiva terá sempre lugar entre os sábios!

[32] Quem recusa a disciplina despreza sua própria pessoa, mas quem compreende a repreensão adquire ainda mais entendimento.

[33] A sabedoria ministra o temor do SENHOR, e a humildade antecede a honra.

Provérbios 16

[1] Ao ser humano foi concedida a capacidade de planejar, entretanto, é o SENHOR quem dá a palavra certa.

[2] Todos os caminhos do homem parecem certos aos seus olhos, mas o SENHOR julga as verdadeiras motivações do coração.

[3] Consagra ao SENHOR todas as tuas obras e os teus planos serão bem-sucedidos.

[4] O SENHOR criou tudo o que existe com um propósito definido; até mesmo os ímpios para o dia do castigo.

[5] Abominável é ao SENHOR todo arrogante de coração; é evidente que não ficará sem a devida punição.

[6] Por intermédio da misericórdia e da verdade se faz expiação do pecado; e pelo temor do SENHOR, o ser humano evita todo o maligno.

[7] Quando as atitudes de uma pessoa são agradáveis ao SENHOR, até os inimigos dessa pessoa vivem em paz com ela, pela vontade divina.

[30]Imbonakalo echwayitileyo izisa ulonwabo entliziyweni; ibe ke zona iindaba ezimnandi ziyahlaziya emathanjeni.

[31]Umntu ophulaphula ukucetyiswa uya kudla ubomi, azive esekhaya phakathi kwezilumko.

[32]Umntu ongayifuniyo ingqeqesho uyazilimaza yena ngokwakhe: kanti ke yena ovayo akululekwa uzuza ukuqonda.

[33]Ukuhlonela uNdikhoyo kufundisa ubulumko; indlela eya ewongeni yintobeko.

Izafobe 16

[1]Umntu uyazenza izicwangciso, kodwa lona ilizwi lokugqibela lelikaNdikhoyo.

[2]Zonke iindlela zomntu zilungile kwawakhe amehlo, kodwa nguNdikhoyo ocikida iinjongo zazo.

[3]Kunikele kuNdikhoyo konke okwenzayo, yaye ke yena uya kuziphumelelisa izicwangciso zakho.

[4]UNdikhoyo unenjongo ngayo yonke into; ewe, kwanomntu lo ukhohlakeleyo umenzele imini yobubi.

[5]UNdikhoyo umthiyile umntu ontliziyo inekratshi; ngokuqinisekileyo ngekhe agwetyelwe.

[6]Ngako ukuthembeka nokunyaniseka isono siyacanyagushelwa; ngokuhlonela uNdikhoyo umntu uyabucezela ububi.

[7]Ukuba uNdikhoyo uyakholiswa yihambo yomntu neentshaba zakhe zitsho zihlalisane naye ngoxolo.

[8] É muito melhor possuir poucos bens com honestidade do que riquezas com injustiça.

[9] Em sua alma, o homem planeja seus caminhos, mas o SENHOR é quem determina seus passos.

[10] Os lábios do rei falam com grande autoridade; contudo, sua boca não deve jamais trair a justiça.

[11] Equilíbrio e pesos honestos vêm do SENHOR; por isso, Ele deseja que a balança seja usada com justiça.

[12] A prática da impiedade é abominável para os governantes, porque com equidade deve ser estabelecido o poder.

[13] Os lábios justos fazem a felicidade do rei, e ele ama as pessoas que falam a verdade.

[14] A ira do rei é prenúncio de morte, mas o homem sábio consegue acalmá-lo.

[15] A alegria no rosto do rei é sinal de vida; seu favor é como generosa nuvem de chuva na primavera.

[16] É muito melhor conquistar a sabedoria do que o ouro puro. É mais proveitoso obter o entendimento do que a prata mais valiosa.

[17] O caminho do justo evita o mal; quem guarda seu caminho preserva sua

[18] A soberba precede a ruína, o espírito arrogante vem antes da queda.

[19] Melhor é ter espírito humilde entre os oprimidos do que repartir um grande espólio com os arrogantes.

[8]Akunani kwaintwana engephi oyizuze ngendlela elungileyo kunentabalala yengeniso oyifumene ngondlela-mnyama.

[9]Umntu uyalucwangcwisa uhambo lwakhe, kodwa nguNdikhoyo olawula ukunyathela kwakhe.

[10]Ukuthetha kukakumkani kuba ludaba olundilisekileyo; umlomo wakhe mawungabi naxanasi xa agwebayo.

[11]UNdikhoyo ufuna kusetyenziswe isilinganiso nesikali esingenagobe; ubunzima bamatye okuveyisha mabube ngokwezigqibo zakhe.

[12]Ookumkani bayabucekisa ubugwenxa; kaloku uburhulumente buzinziswa bubulungisa.

[13]Ookumkani bayakholiswa ngumntu onyanisekileyo; ewe, bayamxabisa umntu othetha inyaniso.

[14]Umsindo kakumkani sisigidimi sokufa; ke yena umntu olumkileyo uyamthomalalisa.

[15]Xa bukhululekile ubuso bukakumkani kudliwa ubomi; ukwamkeleka kuye nqwa nemvula entlakohlaza.

[16]Kulungile ukuzuza ubulumko kunokufumana igolide; kungcono ukukhetha ulwazi kunokwamkela isiliva.

[17]Umntu othe ngqo uhamba ngendlela ebucezelayo ububi; ewe, oyalusayo indlela yakhe ulondoloza ubomi bakhe.

[18]Ikratshi lilandelwa yimbubho; ke kona ukudelela kutshayelela ukuwa.

[19]Akunani kwaukugqush' eluthulini nabahlelelekileyo kunokuxhaphaza amaxhoba nabakhukhumeleyo.

[20] Quem considera atentamente tudo o que fala, prospera, e feliz é aquele que confia no SENHOR.

[21] O sábio de coração é considerado inteligente; quem fala com equilíbrio tem o poder de convencer os outros.

[22] O entendimento é fonte de vida para aqueles que o possuem, mas a insensatez traz castigos aos tolos.

[23] O coração do sábio ministra à sua boca, e seus lábios são hábeis para o ensino.

[24] As palavras agradáveis são como um favo de mel, são doces para a alma e revigoram a saúde e a alegria de viver.

[25] Há caminhos que parecem certos ao ser humano, contudo, no final conduzem à morte.

[26] A fome do trabalhador o obriga a trabalhar; é o seu estômago que o impulsiona.

[27] O homem maligno está sempre à procura de praticar o mal; até mesmo suas palavras são como o fogo devorador.

[28] O homem perverso vive provocando contendas, assim como o difamador, que consegue separar os maiores amigos.

[29] O homem violento alicia seu próprio amigo e o guia pelas trilhas do mal.

[30] Quem faz sinais maliciosos com os olhos planeja o mal; quem franze os lábios já está a meio caminho da prática do que é ruim.

[31] O cabelo grisalho é uma coroa de experiência e esplendor, que deve ser conquistada mediante uma vida justa.

[20]Umntu oyinonophelayo imfundiso uyaphumelela; ewe, yimihlali yodwa kokholosa ngoNdikhoyo.

[21]Isilumko esizinzileyo siduma ngengqondo; ubuciko baso busenza silandelwe ngabantu.

[22]Ingqiqo ngumthombo wobomi kwabo banayo; kambe ke imfundiso yeziyatha bubudenge.

[23]Isilumko siyawabala amazwi esiwathethayo; intetho yaso isenza silandelwe ngabantu.

[24]Amazwi amyoli nqwa nobusi; ayanandipheka emphefumlweni, ephilisa emathanjeni.

[25]Kukho indlela ebonakala ngokungathi ilungile emehlweni abantu, kodwa isiphelo sayo sisa ekufeni.

[26]Indlala imenza umntu ukuba asebenze; ewe, iphango limtyhalela ekuxelengeni.

[27]Itshijolo lihlala liqingqa ububi; kwa-amazwi nje alo agqatsa njengomlilo.

[28]Umntu onobugwenxa udala ingxabano; umntu ohlebayo wahlukanisa izihlobo.

[29]Indlavini iyamkhukulisa ummelwane, imkhokelele kwimikhuba ephuthileyo.

[30]Omana ewancina amehlo uceba ubugwenxa; ohlala eluma umlomo utyekele ebubini.

[31]Izimvi sisithsaba sobuhandiba; zizuzwa ngabaphila ngobulungisa.

[32] Muito melhor é o homem paciente que o guerreiro, mais vale controlar as emoções e os ímpetos do que conquistar toda uma cidade!

[33] A sorte é lançada no colo, mas a decisão correta vem do SENHOR!

[32]Onomonde ulungile kunegorha; olawula umsindo wakhe ungcono kunothimba isixeko.

[33]Abantu basenokulenza iqashiso, kanti ke ngumnwe kaNdikhoyo ofezekisayo.

Provérbios 17

[1] Melhor é um bocado de pão seco com paz e tranquilidade do que a casa repleta de carnes e contendas!

[2] O servo prudente saberá controlar o filho de conduta vergonhosa e participará da herança como um dos irmãos.

[3] O ouro e a prata são provados pelo fogo, mas é o SENHOR que revela quem as pessoas realmente são.

[4] Os maus dão grande atenção às más notícias, assim como os falsos apreciam ouvir mentiras.

[5] Quem zomba dos pobres revela desprezo pelo Criador deles; quem se alegra com a desgraça dos outros não ficará muito tempo sem castigo.

[6] Os filhos dos filhos são uma gloriosa honra para os idosos, e os pais são o orgulho

[7] Os lábios eloquentes não ficam bem ao insensato; muito menos a língua mentirosa

[8] O suborno age como pedra mágica aos olhos de quem o oferece, e causa a ilusão de que é possível comprar qualquer pessoa.

[9] Aquele que perdoa uma ofensa, cobre a transgressão e demonstra amor, mas aquele

Izafobe 17

[1]Akunani kwaukutya iqhekeza lesonka uxolile kunokuba semzini ozele yinyama yamadini kodwa kugqubа imbambano.

[2]Isicaka esinobulumko sifumana amagunya ngaphezu konyana oza namahlazo, size naso sibe nenxaxheba elifeni njengabanye oonyana.

[3]Isiliva ivavanywa ngokuyinyibilikisa embizeni; igolide ivavanywa ezikweni lomlilo; kodwa yona intliziyo yomntu ivavanywa nguNdikhoyo.

[4]Umenzi wobubi uyawuphulaphula umlomo onenkohliso, kanti ke ixoki liyibazela iindlebe intetho eyenzakalisayo.

[5]Umntu ohlekisa ngehlwempu ugxeka uMdali walo; umntu ozivuyelayo iinkxwaleko zabanye uyohlwaywa.

[6]Abazukulwana libhongo lookhokho, kanti ke igugu labantwana ngabazali.

[7]Amazwi obuciko akanakufumaneka emlonyeni wesiyatha; amazwi obuxoki akalindelekanga emilebeni yesikhulu.

[8]Ukunyoba kufana nomlingo kulowo ukwenzayo; uba kuza kumphumelelisa naphi na apho aya khona.

[9]Obugubungelayo ubugwenxa uzicengezelela ukuthandwa, kodwa lowo

que a joga no rosto, separa os melhores amigos.

[10] A repreensão produz marcas indeléveis na pessoa de entendimento, mais fortes que cem chicotadas nas costas do insensato.

[11] O perverso só pende para a rebeldia; por isso, a morte virá para ele como um mensageiro cruel.

[12] Melhor é encontrar uma ursa da qual roubaram os filhotes do que um insensato

[13] A pessoa que costuma retribuir o bem com o mal jamais afastará o mal de sua

[14] O início de um desentendimento é como a primeira rachadura numa enorme represa; por isso resolva pacificamente toda a questão antes que se transforme numa contenda destruidora.

[15] Há duas injustiças que o SENHOR abomina: que o inocente seja condenado e que o culpado seja colocado em plena liberdade como justo.

[16] De que adiantam riquezas nas mãos do insensato, já que ele não deseja adquirir sabedoria?

[17] O amigo dedica sincero amor em todos os momentos e é um irmão querido na hora da adversidade.

[18] A pessoa sem juízo com um simples aperto de mão se compromete, e logo se torna fiador do seu próximo!

[19] Quem gosta de viver brigando ama o pecado; quem age com arrogância está à procura da sua própria destruição.

[20] O homem de coração maldoso jamais prospera de fato, e o de língua mentirosa logo cai em desgraça!

umana ewunokoza umcimbi uchitha ubuhlobo.

[10]Ukukhalinyelwa kuyamakha umntu onengqondo, kunokuba imivumbo elikhulu injalo kwisiyatha.

[11]Umvukeli uqhwaya ingxwaba-ngxwaba; ke ngoko uthunyelwa isigidimi esingenanceba.

[12]Kubhetele ukuhlangana nebhere eyohluthwe amathole ayo, kunokuhlangana nesityhakala sisenza ubudenge.

[13]Umntu ophindezela ubuhle ngobubi soze yahlukane nelishwa indlu yakhe.

[14]Ukuphemba inkathazo kufana nokuqhekezwa kodonga lwedama; ngoko ke nyawuka ingekakongameli.

[15]Okhulula umntu onetyala nogweba umntu omsulwa bobabini uNdikhoyo uyabacekisa.

[16]Kunceda ntoni ukuba isiyatha siphathe imali, sifune ulwazi, kanti asinangqondo?

[17]Umhlobo unothando ngamaxesha onke; ke yena umntakwenu uzalelwe ukuba nawe kwiimbandezelo.

[18]Ngumntu ongenangqondo obamba isandla ebhambathisa, emela ityala lommelwane.

[19]Umntu othanda ingxwaba-ngxwaba uthanda ubugwenxa; umntu osoloko eqhayisa ngezinto zakhe uzibizela iingxaki.

[20]Umntu ontliziyo ikhohlisayo akabi nampumelelo; kanti nomntu ontetho ikrwada ungena enkathazweni.

[21] O filho insensato só produz tristeza, e nenhum contentamento tem o pai do que pratica tolices.

[22] O coração bem disposto é remédio de grande eficácia, mas a alma deprimida consome até dos ossos do corpo todo o vigor.

[23] O ímpio tem prazer em aceitar às escondidas qualquer suborno, a fim de desviar o rumo da justiça.

[24] A sabedoria é o grande objetivo das pessoas realmente inteligentes, mas o tolo não sabe nem o que o satisfaz de fato.

[25] O filho sem juízo é tristeza para seu pai e amargura para sua mãe!

[26] Não há bom agouro em castigar o inocente, nem em açoitar quem merece ser honrado.

[27] Quem realmente detém o conhecimento é comedido no falar, e quem possui o entendimento demonstra alma tranquila.

[28] Até mesmo o tolo passará por sábio, se conservar sua boca fechada; e, se dominar a língua, parecerá até que tem grande inteligência.

Provérbios 18

[1] O solitário busca seu próprio interesse e rebela-se contra a verdadeira sabedoria.

[2] O insensato não tem prazer no entendimento, mas sim em fazer valer seu modo de vida.

[3] Vindo a impiedade, vem também o desprezo; e com a desonra, a vergonha.

[21]Yinto ebuhlungu ukuba nonyana ongenangqondo; uyise wesityhakala soze onwabe.

[22]Umntu onentliziyo echwayitileyo uba nempilo; kanti ke wona umoya odakumbileyo uyimpehla emathanjeni.

[23]Umntu okhohlakeleyo uyanyotywa ngasese, usuke ke wona umthetho ugqwetheke.

[24]Umntu onengqondo unonophela ubulumko; ke sona isityhakala amehlo aso athi elapha abe ephaya.

[25]Unyana osisiyatha uzisela uyise ukukhathazeka; kanti ke ungumva-ndedwa kunina omzeleyo.

[26]Yinto embi ukuhlawulisa abantu abamsulwa; kuyalumeza ukohlwaya izikhulu ezithembekileyo.

[27]Umntu onengqondo uyawakhetha amazwi akhe, kanti ke nomntu oqondayo uhlala epholile.

[28]Kanti ke nesiyatha sicingelwa ukuba sisilumko ukuba asithandi kuthetha; kaloku umntu othuleyo ubalelwa ukuba yingqondi.

Izafobe 18

[1]Umntu ozahlulayo kwabanye ujongana nokwakhe ukulungelwa; uwasengela phantsi onke amacebiso aphilileyo.

[2]Umntu osisiyatha akanamdla wakuqonda nto – nto angxamele ukuyenza kukuvakalisa ezakhe iimbono.

[3]Xa kuvela umntu okhohlakeleyo ngokunjalo nokudelela kuthath' indawo; ukuphoxa ke kuhambisana nehlazo.

[4] Águas profundas são as palavras articuladas pelos seres humanos, mas a fonte da sabedoria é como um ribeiro transbordante.

[5] Não é direito favorecer os ímpios para privar da justiça o justo.

[6] As palavras do insensato provocam contendas, e sua língua clama por açoites.

[7] A boca do insensato é sua própria desgraça, e seus lábios, uma verdadeira cilada para sua alma.

[8] As palavras do caluniador são como finas iguarias: descem até o íntimo do ser humano.

[9] Quem é negligente no seu trabalho é irmão do destruidor.

[10] O Nome do SENHOR é Torre Forte, sob a qual o justo busca refúgio e permanece seguro!

[11] Os bens dos avarentos constituem sua cidade fortificada: eles imaginam que ela seja inexpugnável.

[12] Pouco antes da sua queda, o coração do homem se enche de arrogância; a humildade, contudo, antecede a honra!

[13] Quem responde antes de ouvir comete grande tolice e passa vergonha!

[14] A alma bem disposta sustém o ser humano durante sua doença, mas o espírito deprimido, quem o pode suportar?

[15] O coração do que possui discernimento adquire conhecimento, e o ouvido dos sábios anseia por mais entendimento.

[4]Amazwi omlomo womntu anjengesiziba samanzi; kambe ke umthombo wobulumko yintlambo enkcenkcezayo.

[5]Yinto embi ukuba nesheyi kumntu onenkohlakalo; akulunganga ukumenzela igobe umntu omsulwa.

[6]Ukuthetha komntu osisiyatha kuzala ingxwaba-ngxwaba; amazwi akhe ambizela ukubethwa.

[7]Ukuthetha komntu osisityhifili kumzisela inkathazo; umlomo wakhe ngumgibe wakhe.

[8]Amazwi entlebendwane ayanambitheka; ahla kamnandi athi ngcoo embilinini.

[9]Umntu owuphath' ewuyeka umsebenzi wakhe uyintlaka nexolo notshabalalisayo.

[10]UNdikhoyo ngumqolomba: bazimela kuye abalungisayo, basinde.

[11]Izinhanha zicinga ukuba ubutyebi yinqaba yazo; kuzo ngathi buludonga oluphakamileyo lokuzifihla.

[12]Ikratshi lomntu lilandelwa yintshabalalo; ke lona udumo lukhokelwa yintobeko.

[13]Ophendula engevanga kuqala bubudenge obo kuye nehlazo.

[14]Umoya onganikezeliyo wenza ukuba umntu amelane nokufa. Ke wona umxhelo xa uwile ngubani ongawuvuselelayo?

[15]Umntu onengqiqo ufunana nolwazi; ewe, iindlebe zezilumko zibazele lona.

[16] Um bom presente desobstrui a passagem para aquele que o entrega, e o conduz à presença das pessoas que decidem.
[17] A primeira pessoa a apresentar sua causa sempre parece ter razão, até que outra pessoa venha à frente e defenda sua tese.
[18] Quando os poderosos se enfrentam no tribunal, lançar as pedras da sorte indica uma decisão para as questões.
[19] É muito mais difícil reaver a amizade de um irmão ofendido que conquistar uma cidade fortificada; e as discussões são como as grandes portas trancadas de um castelo.
[20] Do fruto da boca o coração se farta; a língua faz todo o corpo responsável pelas consequências de suas palavras!
[21] A língua tem poder sobre a vida e sobre a morte; os que a usam habilmente serão recompensados.
[22] Quem encontra uma esposa descobre algo excelente: recebeu uma bênção especial do SENHOR.
[23] O pobre se expressa com súplicas, mas o rico avarento responde com arrogância.
[24] Cuidado! As muitas amizades podem levar à ruína, mas existe amigo mais chegado que um irmão.

[16]Xa ufuna ukuviwa ngabo basemagunyeni phatha umngena-ndlwini xa uya kubo.

[17]Intetho yommangali etyaleni iba ngathi iyavakala, xa engekaphicothwa ngemibuzo.

[18]Liphelisa ingxabano iqashiso, libahlule abantu abanamandla.

[19]Isizalwana esikhutyekisiweyo silukhuni ngaphezu kwesixeko esinqatyisiweyo; ingxabano yabazalanayo injengemivalo yamasango enqaba.

[20]Umntu uzalisa iphango lakhe ngeziqhamo zokuthetha kwakhe; uhlutha sisivuno somlomo wakhe.

[21]Ukuthetha komntu kulawula ukuphila nokufa; ke othetha kakhulu uvuna iziqhamo zaloo nto.

[22]Umntu ofumene umfazi uzuze okulungileyo; ewe, ufumene okukholekileyo kuNdikhoyo.

[23]Ihlwempu liyacenga libongoze, ukanti ke sona isinhanha siphendula rhabaxa.

[24]Iitshomi ezininzi ziyamvuthulula umntu; kanti ke sikho sona isihlobo esithembekayo kunomntakwenu.

Provérbios 19

[1] Melhor é o pobre que vive com integridade do que o insensato que só fala tolices.
[2] Não é proveitoso ter zelo sem discernimento, nem ser precipitado e desviar-se do Caminho.
[3] A perversidade do ser humano corrompe sua vida, mas é contra o SENHOR que sua alma se rebela.

Izafobe 19

[1]Akunani kwaukuhleleleka unyanisekile kunokuba sisiyatha esinganyanisekanga.

[2]Ukutyhuthuzela kungekho kuqonda akulunganga; onyawo zingxamileyo uyayiphosa indlela.

[3]Ubuyatha bomntu buyabulimaza ubomi bakhe, aze ke entliziyweni yakhe asole uNdikhoyo.

[4] A fortuna produz muitos amigos, mas até o melhor amigo do pobre o abandona!
[5] A testemunha falsa não permanecerá sem o devido castigo, e aquela pessoa que ventila mentiras não escapará impune.
[6] São muitos os que têm prazer em adular os governantes, e todos são amigos de quem dá valiosos presentes.
[7] O pobre é desprezado por todos os seus parentes, quanto mais por seus amigos! Ainda que os procure para lhes pedir ajuda, não os encontra em lugar nenhum.
[8] O que adquire entendimento ama sua própria alma; o que preserva a inteligência encontra o bem.
[9] A falsa testemunha não viverá sem castigo, e o que profere mentiras perecerá.
[10] Não fica bem que os tolos vivam luxuosamente; mais ridículo ainda é o servo dominar os príncipes.
[11] Sábio é o homem que consegue controlar seu gênio, e sua grandeza está em ser generoso e perdoador com quem o ofende!
[12] A ira do rei é como o rugido de um leão enfurecido, entretanto sua bondade é como o orvalho que desce suave sobre a relva.
[13] Um filho sem juízo pode levar seu pai à desgraça; a esposa murmuradora e briguenta
[14] Um homem pode herdar dos seus pais casa e dinheiro, mas somente o SENHOR pode conceder uma esposa sábia.
[15] A indolência conduz ao sono profundo, e o preguiçoso passa fome.

[4]Isinhanha siba nezihlobo ezininzi, kodwa lona ihlwempu libalekwa nazezikhoyo.
[5]Ingqina elixokayo liyohlwaywa; umntu ongathethi nyani enkundleni akasindi.
[6]Baninzi abacenga izikhulu; bonke abantu bazizihlobo zomntu ophayo.
[7]Ihlwempu alifunwa nangabakowalo; yeka ke ukungafunwa kwalo zizihlobo! Noba selizifuna linezicengo soze lizifumane.
[8]Ozingela ubulumko uyazithanda ngokwakhe; okuxabisileyo ukuqonda uzuza ukonwaba.
[9]Ingqina elixokayo liyohlwaywa; umntu ongathethi nyani enkundleni uyatshabalala.
[10]Isiyatha asifanelwa kukuthi zava – kobeka phi ukuba kubi kokuba amatshawe aphathwe sisicaka?
[11]Umntu onengqondo akacaphuki msinya; kuye linqaku ukungakhathali noba selesoniwa.
[12]Umsindo kakumkani unjengokugragrama kwengonyama; ke kona ukwamkeleka kuye kunjengombethe phezu kohlaza.
[13]Unyana osisiyatha uyamtshonisa uyise; kanti ke yena umfazi onochuku ufana nendlu enethontsi.
[14]Indlu nobutyebi lilifa looyise, kodwa umfazi onengqondo uvela kuNdikhoyo.
[15]Ubuvila bufuthanisela umntu ngobuthongo; ukanti ke umntu ongasebenziyo ubhuqwa yindlala.

[16] Quem obedece às Leis do SENHOR vive mais e melhor; quem despreza a Palavra de Deus certamente encontrará a morte eterna.

[16]Umntu ozithobelayo iziluleko uzuza ubomi; ke yena ongayikhathaleliyo ihambo yakhe uyafa.

[17] Quem trata bem os pobres empresta ao SENHOR, e Ele o recompensará regiamente!

[17]Umntu opha ohlelelekileyo ufana noboleka uNdikhoyo; uNdikhoyo uya kumbuyisela.

[18] Disciplina teus filhos enquanto eles têm idade para aprender; não cooperes para a morte deles!

[18]Mqeqeshe unyana wakho, kuba oko kunika ithemba, kodwa ke ungagabadeli ude umbulale.

[19] A pessoa iracunda tem de sofrer as consequências do seu mau gênio; porquanto, se tu a livrares, virás a ter de repetir tal ajuda vez após outra.

[19]Umntu ocaphuka msinya uvuna loo nto ayilimileyo; ukuba ukhe wamnceda kwaba kanye uya kuphinda-phinda.

[20] Presta bastante atenção aos sábios conselhos, e recebe de coração a orientação, assim alcançarás a sabedoria.

[20]Waphulaphule amacebiso, ukwamkele ukululekwa – ekugqibeleni uya kuba nobulumko.

[21] O ser humano pode fazer muitos planos; contudo, quem decide é Deus, o SENHOR!

[21]Umntu uyaceba acwangcise entliziyweni yakhe, kodwa ke licebo likaNdikhoyo eliphumelelayo.

[22] O que se espera do ser humano é seu amor leal; é muito melhor ser conhecido pelos poucos recursos conquistados do que pelas muitas mentiras ditas!

[22]Umntu uzilahlela kuloo nto ayinqwenelayo; phofu akunani kwaukuba lihlwempu kunokuba lixoki.

[23] O temor do SENHOR conduz à Vida; quem ama sinceramente a Deus viverá em paz e segurança!

[23]Obona bomi kukuhlonela uNdikhoyo; umntu owenjenjalo uyazonwabela, inkathazo ingamchaphazeli.

[24] O preguiçoso põe a mão no prato, e não se dá ao trabalho de levar o alimento até à boca!

[24]Ivila liyakha esityeni, kodwa lingabi nako ukusa emlonyeni.

[25] Açoite o rebelde e zombador, e os desajuizados aprenderão a prudência; repreende o homem que possui discernimento, e ele ganhará ainda mais entendimento!

[25]Mohlwaye umntu odelelayo, ukuze bazuze ukuqonda abangekabi namava; isilumko siyafunda sakululekwa.

[26] O filho que é capaz de roubar o pai, e que expulsa a mãe de casa, não tem vergonha

[26]Unyana ophatha gadalala uyise, agxothe unina, ngunyana olihlazo nonamanyondololo.

[27] Filho meu, se deixas de ouvir a instrução, logo te afastarás dos ensinos capazes de te dar a verdadeira inteligência!

[28] A testemunha corrupta zomba da justiça, e a boca dos ímpios tem fome de iniquidade.

[29] Preparados estão os juízos para todos os rebeldes e escarnecedores, assim como os açoites para as costas dos perversos!

Provérbios 20

[1] O vinho é escarnecedor e a bebida alcoólica induz a brigas; não é inteligente deixar-se dominar por elas!

[2] O medo que o rei provoca é como o bramido de um leão; quem o irrita coloca em risco a própria vida.

[3] Qualquer pessoa tola tem o poder de começar uma briga; quem consegue por fim às contendas é que merece honrarias.

[4] O preguiçoso não ara a terra por causa do clima frio; no entanto, na época da colheita procura por frutos, mas nada encontra.

[5] Como águas profundas são os propósitos do coração humano; todavia, quem tem discernimento sabe como trazê-los à tona.

[6] Muitos proclamam sua própria benignidade; contudo, o homem fiel, quem o achará?

[7] O justo caminha na sua integridade; felizes serão os filhos de sua descendência.

[8] Assentando-se o rei em seu trono, para julgar, com apenas um olhar discerne o que está ocorrendo de mal.

[27]Nyana wam, ukuba uthe walutyeshela uqeqesho, uya kuphulukana namazwi anolwazi.

[28]Ingqina elingungantweni liyabugqwetha ubulungisa; okuphuma emlonyeni womntu okhohlakeleyo bububi bodwa.

[29]Umgxeki ufanelwe kukugwetywa; ke sona isiyatha silindelwe kukutyatyushwa emhlana.

Izafobe 20

[1]Iwayini ngumgxeki; utywala yingxolo; umntu ohexiswa bubo akanabo ubulumko.

[2]Ukumkani xa enomsindo nqwa nengonyama enengcwangu egragramayo; umntu omcaphukisayo ubeka ubomi bakhe emngciphekweni.

[3]Umntu onesidima uyasicezela isiphithi-phithi; kanti ke sona isiyatha siyathanda ukuphemba uqhushululu.

[4]Ivila alilimi ngexesha lokulima; ngoko ke ngexesha lokuvuna liyafuna lingazuzi nto.

[5]Iingcinga zomntu zifana nequla elinzulu; ke yena umntu oqiqayo ukha ulutho kuzo.

[6]Baninzi abantu abazincoma ukunyaniseka; kodwa ke ungamzuza phi umntu othembekileyo?

[7]Umntu olilunga uphila ubomi obungenabala; bayathamsanqeleka abantwana bakhe abamlandelayo.

[8]Ukumkani ohleli kwisihlalo sokugweba uhluza ububi bonke ngamehlo akhe.

[9] Quem pode declarar: "Tenho consciência limpa! Estou livre de todos os meus pecados"?

[9]Ngubani ongatshoyo athi: "Intliziyo yam ihlambulukile; ndinyulu, ndaye ndingenasono"?

[10] Dois pesos e duas medidas; pesos adulterados e medidas falsificadas são desonestidades abomináveis ao SENHOR.

[10]Amatye okuveyisha anobuqhetseba nezilinganiso ezinegobe, zombini ezo zinto uyazicekisa uNdikhoyo.

[11] Até mesmo uma criança revela sua personalidade mediante suas ações; seu procedimento demonstrará o quanto ela é sincera e bondosa.

[11]Nditsho kwaumntwana waziwa ngokuziphatha kwakhe – zizinto azenzayo ezixela ukusulungeka nokuthi ngqo kwesimilo sakhe.

[12] Os ouvidos que ouvem e os olhos que vêem foram feitos pelo SENHOR.

[12]Indlebe evayo neliso elibonayo, zombini ezo zinto zenziwe nguNdikhoyo.

[13] Não ames o sono, para que não empobreças; abre os olhos e te fartarás do teu próprio alimento.

[13]Sukuzinikela ebuthongweni hleze ube lihlwempu! Umntu ophaphamileyo akasweli kutya.

[14] "Não vale tudo isso! Não tem esse valor!", exclama o comprador; contudo, quando se vai, gaba-se de ter realizado um ótimo negócio.

[14]"Hayi bo, ayilunganga kwaphela," utsho othengayo, kodwa asuke emke alilisele ngesisulu asifumeneyo!

[15] Mesmo onde existam muito ouro e pedras preciosas, os lábios que comunicam sabedoria são mais valiosos que uma jóia rara.

[15]Ikho igolide, ngokunjalo namatye amaninzi axabisekileyo; kanti ke eyona nto ixabisekileyo kukuthetha ulwazi.

[16] Tomem-se as vestes de quem serve de fiador ao estranho; sirva sua própria roupa de penhor àquele que der garantia a uma mulher leviana.

[16]Zithathe iimpahla zomntu omele ityala londwendwe; ewe, bambisa ngazo, kuba umele umntu wasemzini.

[17] Deliciosa é a comida conquistada por meio de ardis e mentiras, contudo, em breve ela se transforma em areia na boca!

[17]Ukutya okufunyenwe ngobuqhetseba kuhla kamnandi, kanti ke kamva kusuka kulumeze okomlomo ozele yintlabathi.

[18] Os planos realizados mediante sábios conselhos têm bom êxito; mesmo na guerra é necessário uma boa estratégia.

[18]Xa ufuna ukuphumelela qokelela amacebo; ewe, cwangcisa uqokelele amacebo phambi kokuba uqhwaye imfazwe.

[19] Quem vive contando casos sigilosos não sabe guardar segredos; portanto, evita a companhia de quem fala demais.

[19]Umntu onolwimi uyawadiza amahlebo, ngoko ke sukudlelana nabantu abathetha gqitha.

[20] Se amaldiçoares o teu pai e a tua mãe, a luz da tua vida se extinguirá na mais profunda das trevas.

[21] A conquista gananciosa e antecipada de uma herança não terá um final abençoado!

[22] Não murmures: "Eu te farei pagar pelo mal que me fizeste!" Entrega a tua vindicação ao SENHOR, e Ele te dará a vitória!

[23] O SENHOR detesta quem se utiliza de medidas e pesos desonestos!

[24] Os passos do ser humano são dirigidos pelo SENHOR. Como seria possível a alguém discernir perfeitamente seu próprio destino?

[25] Cuidado! É uma cilada consagrar algo como Santo, mediante uma declaração irrefletida, e só mais tarde pensar em todas as consequências do voto feito.

[26] O rei sábio descobre quem está praticando perversidades e o castiga com a máxima severidade.

[27] O espírito do homem é a lâmpada do SENHOR, a inteligência e o discernimento humano revelam tudo o que se passa no corpo.

[28] A bondade e a lealdade preservam o rei; por sua benignidade, ele dá firmeza ao seu trono.

[29] O esplendor dos jovens está na sua força; e a glória dos idosos, nos seus cabelos brancos.

[30] As marcas e os ferimentos eliminam o mal; as provações e os açoites purificam as profundezas da alma.

[20]Umntu othuka uyise nonina ubomi bakhe busuka buthi pam njengesibane esicime kwisithoko-thoko sobumnyama.

[21]Ilifa lisenokuzuzwa buphuthu-phuthu ekuqaleni, kodwa ekugqibeleni alingekhe likuzisele amathamsanqa.

[22]Musa ukuthi: "Ndiya kuziphindezela ngenxa yobu bugwenxa." Yekela kuNdikhoyo ibe nguye okuhlangulayo.

[23]UNdikhoyo uyawacekisa amatye okulinganisa abunzima bungafaniyo; isikali sobuqhetseba asilunganga.

[24]Umntu akanako ukuyiqonda indlela ayihambayo, kuba amabakala obomi bakhe axhomekeke kuNdikhoyo.

[25]Kufana nomgibe emntwini xa enikezele ngento kuNdikhoyo buphuthu-phuthu, aze kamva acinge ngenye indlela ngezibhambathiso zakhe.

[26]Ukumkani olumkileyo uyabahluza abantu abakhohlakeleyo, abanyhashe oku kwevili lokubhula.

[27]Isazela somntu sisibane sikaNdikhoyo; ngaso uphicotha konke okufihlakeleyo ngaphakathi emntwini.

[28]Ukumkani ukhuselwa kukunyaniseka nenceba; isihlalo sakhe sobukhosi sixhaswa bububele.

[29]Isihomo samadoda amatsha ngamandla awo; kanti ke sona isithozela samadod' amakhulu zizimvi.

[30]Imivumbo neenduma zahlukanisa umntu nobubi; ukubethwa kuhlambulula ububi obungaphakathi emntwini.

Provérbios 21

[1] O coração do rei é como um ribeiro de águas caudalosas nas mãos do SENHOR; este o inclina para onde deseja.

[2] Todo caminho do homem é reto a seus próprios olhos, mas Yahweh, o SENHOR, é quem julga suas motivações mais íntimas.

[3] Praticar o que é justo e certo é mais aceitável ao SENHOR do que o oferecimento de sacrifícios.

[4] Olhar altivo, coração arrogante são os sinais mais claros da vida pecaminosa dos ímpios.

[5] Os projetos bem elaborados do homem trabalhador redundam em fartura; o desesperado acaba sempre na miséria.

[6] As riquezas conquistadas mediante língua mentirosa são ilusão passageira e cilada que pode levar à morte.

[7] A própria violência dos ímpios se encarregará de destruí-los, porque se negam a fazer o que é certo.

[8] O culpado adiciona erros ao seu caminho tortuoso; no entanto, a conduta do inocente é reta.

[9] É melhor morar só, no fundo de um quintal, do que dentro de uma mansão com uma mulher murmuradora e briguenta!

[10] A alma do ímpio anseia por praticar o mal; aos seus olhos ninguém merece bondade.

[11] Quando o zombador é castigado, a pessoa inexperiente ganha sabedoria; quando o sábio recebe instrução, obtém pleno conhecimento.

Izafobe 21

[1]Ingqondo kakumkani isesandleni sikaNdikhoyo; uyilawula ngokuthanda kwakhe, ngathi kukuhamba komlambo.

[2]Zonke iindlela zomntu zibonakala zilungile kwawakhe amehlo, kanti ke nguNdikhoyo oyibeka esikalini intliziyo yomntu.

[3]Ukwenza ubulungisa nokuthe ngqo kwamkelekile kuNdikhoyo kunamadini.

[4]Amehlo azigwagwisayo nentliziyo ezidlayo, nditsho isibane sezikhohlakali, sisono.

[5]Amacebo omntu okhutheleyo amnika indyebo, kodwa ke yena umntu otyhuthuzayo uzibizela ubuhlwempu.

[6]Ubutyebi obufumene ngobuqhetseba buphephetheka njengenkungu, futhi bukubeka emngciphekweni wokufa.

[7]Ubundlobongela bezikhohlakali buyaziqweqwedisa, kuba azivumi ukwenza okufanelekileyo.

[8]Iindlela zomntu onetyala zigoso-goso, kodwa ke yena umntu omsulwa wenza imisebenzi efanelekileyo.

[9]Akunani kwaukuhlala wedwa, noba kuphezu kwendlu, ndaweni yokuhlala ndlwini-nye nomfazi ongunogqwashu.

[10]Umntu okhohlakeleyo usoloko elambele ukwenza into embi; ummelwane wakhe akafumani nceba kuye.

[11]Akohlwaywa umgxeki, nabangaqondiyo batsho bafumane isifundo; sakufundiswa isilumko, sizuza ukwazi.

[12] O Justo observa a atitude dos ímpios e os faz cair em desgraça!

[13] Quem fecha os ouvidos às súplicas dos pobres, um dia também clamará e não

[14] O presente que se entrega em segredo acalma a ira, e o suborno oferecido às ocultas apazigua os maiores acessos de fúria.

[15] Quando se faz justiça, os justos ficam felizes, entretanto isso apavora os perversos!

[16] A pessoa que se desvia do caminho da sensatez na assembleia dos mortos permanecerá.

[17] Quem se entrega desvairadamente aos prazeres passará necessidade; quem se apega ao vinho e à carne gorda jamais será rico!

[18] O perverso servirá de resgate para o justo, e o traidor, no lugar do fiel.

[19] Melhor é morar numa região deserta do que na companhia de uma mulher amargurada e briguenta.

[20] Na casa do sábio há riquezas poupadas e alimentos armazenados; o insensato, entretanto, engole tudo o que pode num instante.

[21] Quem busca a retidão e o amor leal terá vida longa e será tratado com respeito e justiça.

[22] O sábio conquista a cidade dos valentes e destrói a fortaleza em que eles confiam.

[12]UThixo olilungisa uyazazi izinto ezenzeka kwimizi yabantu abakhohlakeleyo, yaye ke eya kuzibhangisa izikhohlakali ngenxa yobubi bazo.

[13]Umntu ongaphulaphuliyo xa amahlwempu ezibika naye akayi kuhoywa xa esengxakini.

[14]Isipho umntu asinikwa ngasese sithomalalisa umsindo; ewe, isicengo esigushiweyo sithothisa ingqumbo.

[15]Umntu olungileyo uyavuya xa izinto ziqhutywa ngokusemthethweni, kambe ke abenzi bobubi baya kunkwantya.

[16]Umntu obhadulayo, emke kwiindlela zengqiqo, uzifumanisa selekwisikhungu sabafileyo.

[17]Umntu othanda iziyolo uya kuba lihlwempu; kanti ke yena umntu othanda iwayini namafutha omnquma soze abe sisityebi.

[18]Kulula ukuncama umntu okhohlakeleyo ngenxa yolungileyo, othembekileyo athathe isikhundla songathembekanga.

[19]Kubhetele ube lilolo entlango, kunokuhlala nomfazi onochuku okhalazayo.

[20]Endlwini yesilumko kusoloko kukho ubuncwane namafutha omnquma, kodwa sona isiyatha sizavaza konke.

[21]Umntu oxunela ubulungisa nenceba ufumana ubomi nobulungisa nodumo.

[22]Isilumko siqabela ngaphaya kweendonga zesixeko samagorha, siyidilize inqaba athembele kuyo.

[23] Quem reflete antes de falar evita muitos dissabores e sofrimentos.

[24] Insolente, soberbo, seu nome é “zombador”! Ele sempre age no ardor de sua arrogância.

[25] O preguiçoso é aquele que morre “desejando”, mas nunca põe de fato as mãos no trabalho!

[26] Os dias se passam, e ele “desejando” mais e mais, enquanto o justo reparte sem parar o que granjeia.

[27] Os sacrifícios dos ímpios já por si são absolutamente inaceitáveis; tanto mais quando oferecidos com más intenções.

[28] A testemunha falsa acabará sendo condenada à morte, mas a pessoa que sabe ouvir e se informar poderá falar para sempre.

[29] O ímpio finge que é confiante, mas somente o justo permanece firme no Caminho!

[30] Não há inteligência alguma, nem conhecimento algum, nem estratégia alguma que consiga opor-se à vontade do SENHOR.

[31] Os homens podem preparar seus cavalos para o dia da batalha, mas somente Yahweh, o SENHOR é quem dá a vitória!

Provérbios 22

[1] A boa reputação é mais importante que muitas posses; desfrutar de boa estima vale mais que prata e ouro.

[23]Lowo uwubambayo umlomo wakhe nolwimi lwakhe ukhusela ubomi bakhe kwiinkxwaleko.

[24]Umntu ozigwagwisayo enendelelo kuthiwa ngumgxeki – usisityhuthu-tyhuthu esingakhathalele mntu.

[25]Ivila elingafuni kusebenza lizibulala ngokwalo; kaloku izandla zalo ziqhokriwe ekusebenzeni.

[26]Umntu onjalo ulibala imini yonke kukucinga ngezinto azifunayo; kanti ke yena umntu olungileyo unezinwe uyapha.

[27]Idini elenziwa ngumntu okhohlakeleyo liyanyanyeka, ngakumbi xa elenza eneenjongo ezigwenxa.

[28]Ingqina elixokayo liyabhanga; kanti ke lona ilizwi lomntu onyanisekileyo lihlala lihleli.

[29]Umntu okhohlakeleyo unobuganga bokuzicingela ukuba uyayazi into ayenzayo, onyanisekileyo uyayicingisisa ihambo yakhe.

[30]Ubulumko nengqondo kunye namacebo omntu akanakumelana nentando kaNdikhoyo.

[31]Amahashe angayiqeqeshelwa imfazwe, kodwa nguNdikhoyo onika uloyiso.

Izafobe 22

[1]Igama elihle lilungile ngaphezu kwentabalala yobutyebi; ukuba nesidima kungaphezu kwayo isiliva negolide.

[2] O rico e o pobre têm algo precioso em comum: o SENHOR é o Criador tanto de um quanto do outro.

[2]Umntu osisityebi nomntu olihlwempu ikho into ebadibanisayo: kaloku bobabini badalwe nguNdikhoyo.

[3] O prudente percebe o perigo e busca refúgio; o incauto, contudo, passa adiante e sofre as consequências.

[3]Umfo ohlakaniphileyo uthi akuyibona isiza ingozi ayiphephe; ke yena ongaqondiyo uthwabaza aye kungena kuyo, aze ke ave ubuhlungu yiloo nto.

[4] A recompensa ao temor do SENHOR e ao comportamento humilde são a riqueza, a honra e a vida!

[4]Ukuba uyazithoba, umhlonela uNdikhoyo, uya kuxhamla ubutyebi, isidima, nobomi.

[5] Nas trilhas dos perversos existem espinhos e ciladas; quem deseja proteger a própria vida deve afastar-se deles.

[5]Indlela yamatshijolo iphahlwe ngameva nemigibe; ke yena umntu okhusela ubomi bakhe uyayicezela.

[6] Ensina a criança no Caminho em que deve andar, e mesmo quando for idoso não se desviará dele!

[6]Ukuba umntwana umqeqeshile ngendlela yokuziphatha, soze ahlukane nayo naxa selekhulile.

[7] O rico domina sobre os pobres, o que toma emprestado se torna servo do que empresta.

[7]Umntu osisityebi uyalilawula ihlwempu; nalowo ubolekayo likhoboka lalowo ubolekisayo.

[8] Quem semeia injustiça colherá desgraça, e o castigo de sua soberba será completo.

[8]Umntu ohlwayela inkohlakalo uvuna iinkxwaleko, nentonga yomsindo wakhe iya kwaphuka.

[9] O homem generoso será abençoado, porquanto reparte seu pão com o necessitado.

[9]Umntu onezinwe uyathamsanqeleka, kuba kaloku uyawapha amahlwempu kukutya anako.

[10] Lança fora o escarnecedor, e com ele irá a contenda; cessarão as demandas e a ignomínia.

[10]Wakumgxotha umgxeki itsho iphele ingxabano, ngokunjalo zitsho zinqamke iingxwaba-ngxwaba nokunyelisa.

[11] O que ama a sinceridade de coração e é grácil no falar será amigo do rei!

[11]Umntu onyanisekileyo nontetho inambithekayo uyathandwa nditsho nangukumkani.

[12] Os olhos do SENHOR protegem o verdadeiro conhecimento, mas Ele confunde os discursos dos traidores.

[12]Amehlo kaNdikhoyo ayalwalusa ulwazi; ke zona iintetho zabantu abaphixanisayo uyaziphanzisa.

[13] O preguiçoso sempre alega: “Há um leão lá fora! Serei morto se sair à rua!”

[13]Ivila lithi: “Kukho ingonyama phandle! Ndobulawa ezitalatweni!”

[14] A conversa da mulher imoral é uma cilada profunda; nela permanecerá quem estiver sob a ira do SENHOR!

[15] A tolice mora naturalmente no coração das crianças, mas a vara da correção as livrará dela!

[16] Quem enriquece à custa de oprimir o pobre, assim como quem adula, com presentes, os ricos, certamente passará necessidade!

Breves discursos morais do sábio acerca de vários assuntos

[17] Inclina teu ouvido e presta toda atenção aos ditados dos sábios; aplica teu coração ao meu ensino,

[18] porquanto terás grande satisfação em guardá-los em teu íntimo!

[19] Para que a tua confiança seja depositada toda no SENHOR, vou instruir hoje também a ti.

[20] Porventura, não te escrevi trinta ditados com orientações e conselhos excelentes,

[21] com o objetivo de te ensinar princípios dignos de confiança, para poderes responder com verdade ao que te envia?

[22] Não explores o pobre, por ser fraco, nem oprimas os necessitados no tribunal,

[23] pois o SENHOR será o Advogado deles, e despojará a vida dos que os defraudaram!

[24] Não te associes com quem vive de mau humor, nem caminhes em companhia da pessoa iracunda;

[14]Umlomo womfazi ongakwaziyo ukuziphatha nqwa nenzonzobila yomhadi; ke bona abashwatyulelwe nguNdikhoyo batshona kuyo.

[15]Ingqondo yomntwana idla ngokunxaxha, kodwa ke into emlulekayo luswazi.

[16]Omnye ucinezela amahlwempu ngeenjongo zokwandisa ubutyebi bakhe, wumbi anikezele ngezipho kwizinhanha, kodwa bobabini baphelela ebuhlwempini.

Amazwi obulumko

[17]Wabazele iindlebe uwaphulaphule amazwi ezilumko, imfundiso yam uyibethelele entliziyweni yakho.

[18]Kaloku kumnandi xa unawo engqondweni yakho, ube nako ukumana ucaphula kuwo ungathintilizi.

[19]Ndikwazisa wona ke namhlanje, ukuze wena kanye ube nako ukukholosa ngoNdikhoyo.

[20]Ngoko ke nazi iingongoma endikubhalele zona zimashumi mathathu, ziqulethe ubulumko namacebiso.

[21]Ezi ngongoma ziya kukunceda ukwazi ukuyicalula inyaniso, utsho ukwazi ukunika ingxelo enyanisekileyo xa uthunyiwe.

[22]Musa ukuthi kuba umntu elihlwempu umxhaphaze; futhi sukumcinezela umntu ohlelelekileyo xa esematyaleni.

[23]Kaloku uNdikhoyo ngokwakhe uya kuba ngummeli wabo, abaphange abo babaphangayo.

[24]Musa ukuhlobana nomntu onephuku; sukuhambisana nonkom' iyahlaba.

[25] para que não te acostumes com seus modos, e não acabes caindo em uma cilada mortal.
[26] Não imites a pessoa que com um simples aperto de mãos empenha-se com outros e se torna fiador de dívidas;
[27] se tu não tens com que pagar, por que correr o risco de perder até a cama em que dormes?
[28] Não desloques os marcos antigos que limitam as propriedades e que foram colocados ali por teus antecedentes.
[29] Já observaste uma pessoa zelosa em seu trabalho? Pois será promovida ao serviço real; não trabalhará para gente obscura!

[25]Kaloku xa usenjenjalo uya kugcayiseleka, nawe uzibhaqe sesikusulele eso simo sakhe.

[26]Sukuyenza into yokubamba isandla ubhambathisa, umele ityala lomnye umntu.

[27]Kaloku xa ungasenako ukuhlawula uya kuthinjwa wohluthwe nditsho kwanebhedi olala kuyo.

[28]Ungaze uwugudlule umlima-ndlela wakudala owamiswa ngookhokho bakho.

[29]Ungazibonela ngokwakho: umntu olichule emsebenzini usebenzela ukumkani, akasoze asebenzele abantu abangenagama.

Provérbios 23

[1] Quando te assentas para uma refeição com alguma autoridade, presta atenção em quem está diante de ti;
[2] põe uma faca à tua própria garganta, se estiveres com grande apetite.
[3] Não cobices todas as iguarias que te são oferecidas, porquanto podem ser enganosas.

[4] Não chegues à exaustão na tentativa de conquistar a riqueza; tem bom senso!

[5] Os bens e o prestígio desaparecem como num piscar de olhos; criam asas e voam pelos céus como a águia.
[6] Não aceites comer na casa do invejoso, tampouco cobices as iguarias que lá são servidas;
[7] porquanto o miserável só pensa nos gastos. Ele diz: “Come e bebe!”, entretanto não fala com sinceridade.

Izafobe 23

[1]Xa uthe wahlala phantsi ukuba udle nesikhulu, yaneliswa yiloo nto ibekwe phambi kwakho.
[2]Xa ngaba ungumntu otya gqitha wubambe umqala wakho.
[3]Musa ukuzibawela izimuncu-muncu zakhe, hleze uzibizele ingozi ngazo.
[4]Musa ukuziqoba amandla ufunana nobutyebi, ungaphulukani nengqondo yakho ngenxa yabo.
[5]Kaloku ubutyebi busuka buthi shwaka ngephanyazo; ungáde ucinge ukuba busuke bantshula amaphiko bantinga njengokhozi.

[6]Musa ukutya ukudla komntu ovimbayo, ungazibaweli izimuncu-muncu zakhe.

[7]Kaloku yena ngumntu apha osoloko ebala indleko. Noba angathi: “Yitya, usele,” akathethi loo nto entliziyweni yakhe.

[8] Vomitarás o bocado que comeste, e desperdiçarás a tua cordialidade.

[9] Não vale a pena conversar com o insensato, pois ele despreza a sabedoria que há nas tuas palavras.

[10] Não mudes os antigos marcos divisórios de propriedade, nem invadas as terras dos órfãos,

[11] porquanto o Redentor dos direitos dos órfãos é poderoso, e se colocará contra ti por causa deles!

[12] Submete teu coração à disciplina e inclina teus ouvidos à Palavra de sabedoria!

[13] Não hesites em disciplinar a criança; ainda que precises corrigi-la com a vara, ela não morrerá.

[14] Castiga-a, tu mesmo, com a vara, e assim a livrarás do Sheol.

[15] Filho meu, se o teu coração agir com sabedoria, o meu coração se alegrará.

[16] Grande será o meu regozijo quando os teus lábios se expressarem com retidão.

[17] Jamais invejes os pecadores em teu coração; é muito melhor temer o SENHOR para sempre!

[18] É certo que sempre haverá um futuro, e tua esperança não será aniquilada!

[19] Ouve, filho meu, e torna-te sábio, e dirige teu coração pelo Caminho.

[20] Não caminhes com os que se encharcam de vinho, tampouco com os que se empanturram de comida,

[8]Ewe, iya kubuya yonke loo ntwana uyityileyo, ube uwalahlile naloo mazwi akho okuncoma.

[9]Musa ukulahla amazwi akho kumntu osisityhakala; kaloku uya kubudela ubulumko bamazwi akho.

[10]Ungaze uwugudlule umlima-ndlela wakudala, nomhlaba weenkedama musa ukuwohlutha.

[11]Kaloku uMkhululi wazo unamandla; nguye oya kubambana nawe ngenxa yazo.

[12]Zimisele ukuyiphulaphula ingqeqesho, uyibazele iindlebe yonke into oyifundiswayo.

[13]Sukuyekelela ukumqeqesha umntwana; ukuba uyamohlwaya ngoswazi akayi kufa.

[14]Kaloku ngokumohlwaya umntwana uhlangula ubomi bakhe ekufeni.

[15]Mfo wam, ndingonwaba kakhulu xa ingqondo yakho idlamkile.

[16]Ewe, ndingatsho ndibe nebhongo xa ndikuva uthetha izinto ezithe ngqo.

[17]Sukuziduba intliziyo ngabenzi bobugwenxa; nto mawuyenze wena kukuhlonela uNdikhoyo maxa onke.

[18]Xa usenjenjalo ngenene uya kuba nekamva, nethemba lakho aliyi kunqanyulwa.

[19]Mfo wam, phulaphula ukuze ube sisilumko; yigqale indlela oziphatha ngayo.

[20]Musa ukuvana nabantu abanxilayo; ngokunjalo nabanyolukileyo bacezele.

[21] porquanto os bêbados e os glutões se empobrecerão, e a indolência os vestirá de trapos!

[22] Ouve o teu pai, pois ele te gerou, e não desprezes tua mãe, quando for idosa.

[23] Compra a verdade, a sabedoria, a disciplina e a inteligência, e não as vendas por preço algum!

[24] O pai do justo vai saltar de júbilo; quem tem a felicidade de gerar uma pessoa sábia com ele muito se alegrará.

[25] Que teu pai e tua mãe sejam muito felizes contigo, que exulte aquela que te deu à luz!

[26] Filho meu, dá-me o teu coração, e que teus filhos apreciem também os meus caminhos,

[27] pois as mulheres imorais e insensatas são como uma armadilha profunda e mortal.

[28] Como um assaltante elas espreitam suas vítimas, e multiplicam entre os homens o número dos infiéis!

[29] Para quem são os ais de pesar? Para quem as expressões de profunda tristeza? Para quem as brigas e inimizades? Para quem os ferimentos desnecessários? De quem são os olhos embaçados e vermelhos?

[30] Para todos aqueles que gastam horas se encharcando de vinho, os que andam em busca de bebidas fortes e misturas alcoólicas!

[31] Não te entregues a contemplar a tintura avermelhada do vinho, quando cintila provocante no copo e escorre suavemente!

[21]Kaloku wona amanxila nezidla-kudla bayahlwempuzeka, namathongorha ambatha amadlavu.

[22]Mntwana wam, mphulaphule uyihlo owakuzalayo, ungamdeli nonyoko ekwaluphaleni kwakhe.

[23]Wakuyifumana inyaniso sukuthengisa ngayo; ewe, sukwahlukana nobulumko, ingqeqesho, kwanokuqonda.

[24]Unebhongo umzali womntwana olilungisa; ewe, umntwana osisilumko uligugu kubazali bakhe.

[25]Ngenene uyihlo nonyoko mabavuye ngawe – menze abe nemihlali lowo wakuzalayo.

[26]Yinikezele kum intliziyo yakho, mntwan' am; indlela endiziphethe ngayo mayibe semehlweni akho.

[27]Kaloku ihenyukazi ngumhadi onzulu, nomfazi oziphethe kakubi liqula elimxinwa.

[28]Ewe, uncathama oku kwesikrelemnqa, alongeze inani labakrexezi.

[29]Nguwuphi umntu osezintsizini nonesingqala, osoloko esezingxwaba-ngxwabeni ekhalaza; nditsho ofumana enzakale nje ngelize, umntu ongafik' etyofu-tyofu amehlo?

[30]Lowo ke ngulo mntu ungafika ejikelezana newayini, esoloko ezingelana newayini exutyiweyo.

[31]Inkangeleko ebomvu yewayini mayingakukhangi, noba ingade imenyezele endebeni – ewe, nditsho seyinambitheka, isihla kamnandi!

[32] No fim, ele ataca como a serpente e envenena como a víbora!
[33] Teus olhos verão coisas horríveis e tua mente entorpecida te fará dizer tolices.
[34] Serás como alguém que dorme no meio do mar agitado ou deita-se sobre as cordas de um alto mastro.

[35] E dirás: "Feriram-me, mas eu nada senti! Bateram em mim, contudo eu nada percebi! Quando despertarei para que possa voltar a beber?"

[32]Ekugqibeleni iwayini iluma njengenyoka, ibinza njengerhamba.
[33]Ikutsho ubone izinto ezingekhoyo, ushwaqe ubhude yonk' into.
[34]Ewe, ikutsho ube ngathi uphakathi elwandle, ube ngathi ujinga epalini ebamba iseyile yesikhephe.
[35]Uya kubuza uthi: "Ingathi ndibethiwe nje phofu? Hayi suka, ndingakhange ndive nje! Akwaba bendinganako ukuphinda ndiphakame, khe ndithi nje intwana ndiziqabule!"

Provérbios 24

[1] Não tenhas inveja dos ímpios, tampouco queiras caminhar na companhia deles;

[2] pois o coração dos perversos intenta violência o tempo todo, e seus lábios só murmuram malignidades.
[3] Com sabedoria se constrói uma casa, e com inteligência ela se consolida.
[4] Mediante discernimento seus cômodos são mobiliados com todo tipo de bens preciosos e agradáveis.
[5] Um homem sábio é poderoso, e quem possui entendimento potencializa sua força;
[6] quem parte para a guerra necessita de orientação estratégica, pois com muitos conselhos se conquista a vitória!
[7] A sabedoria é virtude elevada demais para o perverso; por isso ele fica sem palavras nas assembleias.
[8] Quem urde o mal o tempo todo será conhecido como mexeriqueiro!

Izafobe 24

[1]Musa ukumonela abantu abakhohlakeleyo ngezinto zabo, ungakunqweneli ukuzibandakanya nabo.
[2]Kaloku intliziyo yabo iyila ubundlobongela, nomlomo wabo uthetha ngokuvusa uqhushululu.
[3]Indlu yona yakhiwa ngobulumko, izinziswe ngengqondo.

[4]Lulwazi oluzalisa amagumbi endlu, itsho ivathiswe ngezinto ezintle nezixabisekileyo.

[5]Umfo osisilumko unamandla; ewe, indoda enolwazi iya isomelela ngokomelela.
[6]Phambi kokuba uye emfazweni hlala phantsi ucwangcise kuqala; uloyiso lungabakho xa unabacebisi abaninzi.
[7]Ubulumko yintsokotha kumntu osisiyatha; yena uyalabalaba xa kuxoxwa kwindibano ngasesangweni.
[8]Umntu osoloko eyila ukwenza ububi uya kwaziwa ngokuba nguSomayelenqe.

[9] A intriga do perverso é pecado, e o escarnecedor é detestado por todas as pessoas.
[10] Se te mostras vagaroso para ajudar teu próximo, pouca força terás no dia da angústia.
[11] Liberta os que estão sendo conduzidos à morte, salva os que são arrastados ao suplício!
[12] Porquanto, ainda que alegares: “Eis que não sabíamos o que ocorria!” Aquele que investiga todos os corações não perceberia a verdade? Não saberia Aquele que preserva a sua vida? Não retribuirá Ele a cada um segundo a sua atitude?
[13] Come o mel, filho meu, porque é bom, o favo de mel é doce ao paladar.
[14] Sabe, também, que a sabedoria é boa para a alma; se a encontras, com certeza haverá futuro para ti.
[15] Não te embosques, como faz o ímpio, junto à morada do justo, nem destruas o seu local de repouso,
[16] pois ainda que um justo caia sete vezes, sete vezes tornará a se erguer; os ímpios, todavia, são arrastados para a desgraça!
[17] Se teu inimigo cai, não te alegres com isso, e não exulte teu coração se ele tropeça,
[18] para que Yahweh, o SENHOR, não veja isso, fique aborrecido contigo, e retire de sobre ele o seu castigo.
[19] Não te aflijas por causa dos maus, tampouco tenhas inveja dos ímpios.
[20] Pois não existe futuro para o perverso: a lâmpada dos ímpios está simplesmente se extinguindo.

[9]Amayelenqe esidenge ayafadalala; ke yena umntu osoloko egxeka abanye uthiyiwe ngabantu.
[10]Ukuba unamathidala ngamaxesha eenkathazo, awunawo amandla okujongana nawo.
[11]Bahlangule abantu abaqweqwediselwa ekufeni; basindise abo bagxadazelela ekubulaweni.
[12]Mhlawumbi ungathi wena: “Besingazi nto ngale nto,” kodwa ke yena uThixo onganqatyelwa nto uyayibona inyaniso – ukujongile, yaye uyakwazi. Ke yena uvuza umntu ngokwezenzo zakhe.
[13]Mfo wam, butye ubusi, kuba bumnandi; ewe, incindi inencasa emlonyeni wakho.
[14]Bukwanjalo ukuyola kobulumko: ukuba uthe wabufumana lotsho liqiniseke ikamva lakho, nethemba lakho linganqanyulwa.
[15]Sukufana nesikhohlakali ngokulalela indlu yomntu olilungisa, nomzi wakhe sukuwonakalisa.
[16]Noba angawa kangaphi na umntu olilungisa ubuya avuke; ke zona izikhohlakali zikhubeka zitshabalale.
[17]Sukuluvuyelela lwakuwa utshaba lwakho, ungavuyi xa ulubona lukhubeka,
[18]hleze olo vuyo lwakho lube bububi emehlweni kaNdikhoyo, awurhoxise umsindo wakhe kulo.
[19]Sukuvutha ngumsindo ngenxa yabantu abenza ubugwenxa, ungabamoneli abantu abakhohlakeleyo ngezinto abanazo.
[20]Kaloku umenzi wobubi akanakamva; isibane sabantu abakhohlakeleyo siya kucinywa.

21 Teme a Yahweh, o SENHOR, filho meu, e ao rei; não te associes aos revoltosos,

22 pois terão repentina destruição, e quem pode calcular a ruína que o SENHOR e o rei podem provocar?

23 Aqui segue uma outra seleção de ditos dos Sábios: Agir com parcialidade nos julgamentos não é nada prudente.

24 Quem declarar ao ímpio: “Tu és justo!” será amaldiçoado pelos povos e sofrerá a indignação das nações!

25 Entretanto, para os que punem o culpado haverá paz e conforto, e sobre eles virão muitas outras bênçãos.

26 A resposta franca é prova de sincera e fraternal amizade!

27 Forma primeiro a tua lavoura e levanta a tua casa, então, estarás à vontade para constituir a tua família.

28 Não testemunhes sem motivo contra o teu próximo, tampouco fales mal dele!

29 Jamais digas: “Segundo me fez, assim lhe retribuirei! Devolverei a cada um conforme o mal que lançou contra mim!”

30 Passei junto ao campo do preguiçoso, pela vinha de um homem sem juízo:

31 Eis que tudo estava cheio de urtigas, sua superfície coberta de espinhos, e seu muro de pedras, em ruínas.

32 Ao observar tudo isso, comecei a refletir, vi e tirei uma lição:

21Mntwan' am, mhlonele uNdikhoyo, ngokunjalo nokumkani, ungadlelani nabavukeli.

22Kaloku bona babhanga ngephanyazo, ibe ke akukho bani waziyo ukuba botshatyalaliswa nini na nguNdikhoyo okanye ngukumkani.

Ingqokelela yobulumko

23Nanga amanye amazwi ezilumko: Yinto embi ukuba umgwebi ajonge ubuso bomntu.

24Xa esuka athi konetyala: “Umsulwa wena,” abantu bayamthuka, zimgxeke izizwe.

25Kambe ke yena umgwebi omohlwayayo umntu owonileyo uba nentsikelelo kunye nenkqubela.

26Impendulo ethe gca nqwa nokuncamisa umhlobo emlonyeni.

27Qala ulungise ishishini lakho, ulime amasimi akho, emva koko wakhe indlu yakho.

28Sukuthi kungekho sizathu unike ubungqina obumtshonisayo ummelwane, okanye ukhohlise ngomlomo wakho.

29Musa ukuthi: “Ndiya kwenza kuye njengoko enzile kum; ndiya kumenzakalisa ngokwezenzo zakhe.”

30Ndathi ndihamba ndagqitha entsimini yevila; ewe, ndadlula kwisidiliya somntu ongenangqondo.

31Sasitshone lé elukhuleni, sifuthwe nayinkunzane; ke lona udonga olwalubiyele lwaludilikile.

32Ndakha ndee nqumama ndawubukela loo mhlola, ndacinga nzulu ndaza ndafumanisa ukuba

[33] "Dormir um pouco, cochilar um pouco; um pouco cruzar os braços e deitar-se,

[34] e a pobreza te sobrevirá como um assaltante, a tua mendigação como um ladrão armado!"

Provérbios 25

Outros provérbios de Salomão que foram coligidos no tempo do rei Ezequias

[1] Estes são outros provérbios de Salomão, os quais foram transcritos pelos servos de Ezequias, rei de Judá:

[2] A glória de Deus é ocultar certos conhecimentos; tentar desvendá-los é a glória

[3] A altura do céu, a profundidade da terra e o coração dos soberanos, são lugares insondáveis.

[4] Tira as escórias da prata e ela ficará absolutamente pura;

[5] tira o ímpio da presença do rei e seu trono se firmará na justiça.

[6] Não te vanglories diante do rei, nem reivindiques um lugar entre as pessoas mais importantes;

[7] pois é muito melhor que o próprio rei te convide: "Sobe até aqui!", do que seres humilhado na frente das autoridades.

[8] Não conduzas precipitadamente alguém ao tribunal, pois como agirás caso teu oponente te desminta?

[9] Busca resolver tua causa diretamente com o teu próximo, mas não reveles qualquer segredo de outra pessoa,

[33]xa uthe: "Hayi noko, makhe ndithi qwaka, ndithi ntlithi kancinane, khe ndisonge izandla, ndiphumle,"

[34]ubuhlwempu bosuka bukuchwechwele njengomkhuthuzi. Ewe, ihambo-nzima iza kukuhlasela oku kwendoda exhobileyo.

Izafobe 25

USolomon usaqhuba

[1]Nezi ikwazizafobe zikaSolomon ezaqokelelwa ngamagosa kakumkani uHezekiya wakwaJuda:

[2]Isihomo sikaThixo siphuhliswa zizinto eziyimfihlakalo; kambe ke sona isidima sokumkani kukuphengulula imicimbi.

[3]Njengokuphakama kwesibhakabhaka nobunzulu bomhlaba, zikwanjalo ukungabi nakugocagocwa iingcamango zookumkani.

[4]Wakuyicwenga isiliva, nengcibi itsho ikwazi ukuyisebenzisa;

[5]akukhiqwa amaphakathi aphuthileyo, ulawulo lokumkani lutsho ludume ngokuzinza.

[6]Xa ukomkhulu musa ukuzigqatsa; sukuhlala endaweni yezikhulu.

[7]Kaloku kubhetele ukuba yena athi: "Nyukela apha," kunokuba akususe kwindawo yezikhulu amatshawe ebukele.

[8]Sukungxamela enkundleni ngento oyibonileyo, hleze kuvele omnye umntu nabungqina bumbi, utsho uhlazeke ke wena.

[9]Xa usematyaleni nommelwane wakho musa ukudiz' imfihlelo oyixelelweyo,

[10] caso contrário, quem te ouvir poderá te difamar e jamais recuperarás tua reputação!

[11] Maçãs de ouro com enfeites de prata é a palavra falada em tempo oportuno.

[12] Anel de ouro ou colar de ouro fino é a censura do sábio para o ouvido atento.

[13] Como o frescor da neve num dia de ceifa é o mensageiro fiel para quem o envia: ele reconforta a vida do seu senhor.

[14] Nuvens e ventos e nada de chuva, assim é a pessoa que promete mas não cumpre.

[15] Com paciência dobra-se um magistrado, e a língua macia pode quebrar ossos.

[16] Encontraste mel? Come o suficiente, para que não fiques enjoado e o vomites.

[17] Teu pé seja raro na casa do teu próximo, para que ele não se enjoe de ti, e venha a te odiar.

[18] Assim como uma arma, uma espada ou uma flecha aguda, é o perigo daquele que diz mentiras contra o seu próximo.

[19] Dente que balança e pé deslocado são atitudes semelhantes a confiar no traidor no dia da aflição!

[20] Como tirar a própria roupa num dia de frio, ou derramar vinagre numa ferida é ter de cantar com o coração entristecido!

[21] Se o teu inimigo tiver fome, dá-lhe de comer; se tiver sede, dá-lhe de beber.

[22] É procedendo assim que amontoarás brasas vivas sobre a cabeça dele, e Yahweh, o SENHOR, te recompensará!

[10]hleze uvelwe utsho uphoxeke, kuze ke ukuba negama elibi kwakho kuthane mbende nawe.

[11]Amazwi afanelekileyo nqwa neeapile zegolide ezithiwe nca kwisiliva.

[12]Isilumkiso esiwa kwindlebe evayo sifana necici legolide nesidanga segolide ecikizekileyo.

[13]Umthunywa onyanisekileyo kwabo bamthumayo uhlaziya inkosi yakhe oku kwekhephu ngexa lokuvuna.

[14]Umntu ozigwagwisa ngokupha omnye isipho angenaso ufana namafu anomoya angenamvula.

[15]Umlawuli uyacengeka ngumntu onomonde, namazwi athambileyo amenza anikezele.

[16]Wakufumana ubusi butye uzilinganisela, hleze bubuye wakubutya gqitha.

[17]Malungaquqi gqitha unyawo lwakho kwammelwana, hleze akruquke nguwe, akucaphukele.

[18]Umntu otshonisa ummelwana wakhe ngobungqina obubuxoki uyingozi nqwa negqudu, umkhonto, okanye utolo.

[19]Ukuthembela ngomntu ongathembekanga xa usenkathazweni kufana nezinyo elonakeleyo nonyawo oluqhwalelayo.

[20]Ukuculela umntu oneenzingo kufana nokumhambisa ze mhla kubandayo, okanye kunjengokonakalisa isoda ngokuyixuba neviniga.

[21]Xa ufumana utshaba lwakho lulambile, luphe ukutya; lwakunxanwa, luphe amanzi.

[22]Ngokwenjenjalo ke woba uluqhubela enguqukweni, noNdikhoyo wokuvuza.

[23] Como o vento norte traz chuva, assim a língua fingida provoca olhar irado.
[24] Melhor é viver solitário, num canto sob o telhado, do que repartir a casa com uma mulher briguenta.
[25] Como água fresca para a garganta sedenta é a boa notícia quando chega de uma terra distante.

[26] Fonte turvada e nascente poluída é o justo que se amedronta na frente do ímpio.

[27] Não é bom comer muito mel nem buscar glória sobre glória!

[28] Uma cidade aberta, sem muralhas, tal é o homem sem autocontrole!

Provérbios 26

[1] Como neve no verão e chuva na colheita, assim a honra não fica bem ao insensato.

[2] Como o pardal que foge sem rumo e a andorinha que esvoaça veloz, assim a maldição jamais cairá sobre quem não merece.
[3] Assim como o chicote foi feito para o cavalo, e o freio, para o jumento, a vara da disciplina é para as costas de quem não tem juízo.
[4] Não respondas ao insensato com semelhante insensatez, para não te igualares a ele.
[5] Responde ao insensato conforme a tolice dele, para que ele não fique pensando que possui alguma sabedoria.

[23]Umoya wasentla uzisa imvula, kodwa ke yona intlebendwane iza nengxabano.
[24]Akunani kwaukuhlala wedwa noba kuphezu kwendlu, ndaweni yokuhlala ndlwini-nye nomfazi ongunogqwashu.
[25]Iindaba ezimnandi ezivela kwelikude zihlaziya oku kwamanzi abandayo emntwini odiniweyo.
[26]Akoyiswa sisikhohlakali umntu olungileyo loo nto ifana nequla eligxobhekileyo okanye nomthombo ongcolisekileyo.
[27]Ukubutya kakhulu ubusi akulunganga; kukwanjalo ukuhlala uzifunela imbeko.
[28]Umntu owoyiswayo kukuzilawula usesichengeni oku kwesixeko esindonga ziwileyo.

Izafobe 26

[1]Ukuncoma isityhakala ngumhlola onjengokuba kusuke kukhithike ehlotyeni, okanye kune imvula ngexesha lokuvuna.
[2]Isishwabulo kungekho sizathu asiphumeleli; sifana nokundanda kwamahlankomo neenkonjane ezingahlali phantsi.

[3]Ihashe liyabethwa, ke yona idonki ilawulwa ngomkhala, kanti ke sona isinyabi sivuswa ngentonga.

[4]Sukuphendulana nesiyatha, hleze nawe lo uzibhaqe sewufana naso.
[5]Xa umntu ebuza umbuzo wobudenge mlinganisele, hleze azicingele ukuba usisilumko.

[6] A pessoa que pede a um tolo para transmitir uma mensagem se arrisca a ter muitos problemas; é como se tivesse seus pés amputados ou tomasse veneno.

[6]Ukuthemba isidenge somthunywa kukuzenzakalisa nqwa nokuzinqumla imilenze.

[7] Como pendem inúteis as pernas do coxo, assim é a palavra de sabedoria na boca do insensato.

[7]Iqhalo emlonyeni womntu ongaqondiyo lifana nomlenze ojingayo wesiqhwala.

[8] Como prender uma pedra à atiradeira é conceder honra ao tolo.

[8]Ukuncoma isityhakala nqwa nokubophelela ilitye kwinkwitshi.

[9] Galho de espinhos na mão de um bêbado é o provérbio ao entendimento dos insensatos.

[9]Iqhalo emlonyeni wesiyatha nqwa nesebe elinameva esandleni senxila.

[10] Um arqueiro que fere a todos: tal é o patrão que dá emprego ao insensato e ao bêbado que passam por sua porta.

[10]Umntu oqesha isidenge okanye nabani na odlulayo akanankathalo, ufana nejoni elidubula nje nabani na.

[11] Como um cão que torna ao seu vômito é o insensato que repete suas tolices.

[11]Umntu ophinda-phinda into yobudenge nqwa nenja ebuyela emhlanzweni wayo.

[12] Vês uma pessoa sábia aos seus próprios olhos? Certamente há mais esperança para o tolo do que para essa pessoa.

[12]Akunani kwaisityhakala kunomntu osisilumko kwawakhe amehlo.

[13] O preguiçoso alega: "Há uma fera violenta no caminho, um leão feroz rondando

[13]Ivila lithi: "Kukho ingonyama endleleni! Ewe, ingonyama ihla inyuka ezitalatweni."

[14] Assim como a porta gira em suas dobradiças, assim o preguiçoso se revira sonolento

[14]Oku kocango oluvula luvaleke kwiihenjisi oluxhonywe kuzo linjalo ivila ukuqika-qikeka emandlalweni walo.

[15] O preguiçoso até consegue colocar a mão no prato; contudo, levá-la à boca é para ele um esforço extenuante!

[15]Ivila liyakha esityeni, kodwa linqene ukufaka emlonyeni.

[16] A pessoa indolente se acha mais esperta do que sete homens que respondem com bom senso.

[16]Umntu olivila usisilumko kwawakhe amehlo; kuye ngathi ungaphezulu nakumadoda asixhenxe akwaziyo ukuphendula ngengqiqo.

[17] Como alguém que decide pegar um cão pelas orelhas, assim sofre aquele que se mete em discussão alheia!

[17]Umntu ogxuphuleka kwiingxabano zabanye ufana nomfo osuka athi nqaku inja ngeendlebe.

[18] Como um demente que espalha brasas e atira flechas mortais,
[19] assim é a pessoa que engana seu próximo e depois alega: “Mas eu só estava brincando!”

[20] Sem lenha o fogo se apaga, sem o caluniador encerra-se a briga.

[21] Carvão para as brasas e lenha para a fogueira, assim é a pessoa briguenta para atiçar as contendas.

[22] As palavras do difamador são como petiscos apetitosos, descem com delicioso sabor até o íntimo de quem lhes dá atenção.
[23] Como uma camada de esmalte de prata sobre vaso de barro, também os lábios diplomáticos podem esconder um coração maligno.
[24] Quem alimenta a perversidade procura disfarçar suas intenções com os lábios, pois em seu íntimo mora a Falsidade;
[25] portanto, se a voz dessa pessoa for elegante e bem articulada, não confies nela, porquanto há sete abominações em seu coração!
[26] Essa pessoa poderá fingir e camuflar o ódio, porém toda a sua malignidade será revelada em público.
[27] Quem cava uma armadilha, nela acabará caindo; quem rola uma pedra sobre os outros será atropelado pelo retorno da mesma pedra que havia empurrado.
[28] A língua mentirosa destila ódio sobre aqueles a quem fere, e a boca bajuladora provoca destruição!

[18]Ufana negeza elidubula ngeentolo zomlilo

[19]umntu okhohlisa ummelwane wakhe aze ajike athi: “Hayi, bendiqhula nje.”

[20]Zakuphela iinkuni uyacima umlilo. Xa kungekho mntu uphixanisayo kuyaphela ukungevani.

[21]Ziinkuni ezivuthisa umlilo kwanjengokuba iintlantsi ziwavuthisa amalahle; ukwanjalo ke nomntu onochuku ukuphembelela ingxabano.

[22]Amazwi omntu ohlebayo anencasa; abantu basuka bawathi bimbilili.

[23]Amazwi alalanisayo efihla inkohlakalo nqwa nesitya somdongwe esigqunywe ngesiliva ngaphandle.

[24]Umntu onentiyo usenokuyifihla ngendlela athetha ngayo, kodwa ngaphakathi abe esabambelele enkohlakalweni.

[25]Ewe, walumkele loo mazwi akhe amnandi, kuba intliziyo yakhe iyaphuphuma ngamanyondololo.

[26]Nokuba angayifihla intiyo yakhe ngenkohliso, kodwa inkohlakalo yakhe yona iya kudandalaza esidlangalaleni.

[27]Umntu owomba umngxuma kweyela kwayena kuwo. Lowo uqengqa ilitye losuka ligubungele kwayena.

[28]Umntu onolwimi uyabathiya abo abenzakalisayo; umntu okhohlisayo udala intshabalalo.

Provérbios 27

1 Não te felicites pelo dia de amanhã, pois não sabes o que o hoje vai gerar.

2 Seja outra pessoa quem te elogie, e não a tua boca; um estranho e não tuas próprias palavras!

3 A pedra é pesada e a areia um fardo, mas a irritação provocada pelo temperamento incontrolável dos insensatos é muito superior às duas, juntas.

4 O furor é cruel e a ira destruidora, mas quem resistirá diante do ciúme?

5 Melhor é a reprimenda feita com franqueza do que o amor não revelado!

6 Quem fere por amor demonstra lealdade, mas falsos são os beijos do inimigo!

7 Quem está satisfeito despreza o mel, mas para quem tem fome até o amargo é saboroso.

8 Como ave vagando longe do ninho, assim é o homem perambulando longe do lar!

9 Perfume e incenso promovem alegria no coração; o conselho sincero de um amigo dá encorajamento para viver.

10 Não abandones o teu amigo, tampouco o amigo do teu pai, nem vás à casa do teu irmão no teu dia atribulado: mais vale o vizinho próximo do que o irmão distante!

11 Filho meu, sê sábio! Assim eu encontrarei a felicidade e saberei dar uma boa resposta a quem me criticar.

Izafobe 27

1Musa ukuqhayisa ngengomso, kuba akuyazi loo mini ukuba iya kukuphathela ntoni na.

2Yeka ibe ngomnye okuncomayo, ingabi ngowakho umlomo; ewe, mayibe ngowasemzini, kungaphumi emilebeni yakho.

3Amatye nesanti ngumthwalo onzima; kodwa kona ukucatshukiswa sisityhakala luxanduva olungaphezulu.

4Umsindo unenkohlakalo, ingqumbo sisiphango; kodwa ke akakho onokumelana nobukhwele.

5Akunani kwaisiluleko esisekuhleni kunothando olufihlwayo.

6Isihlobo sinyanisekile noba singade sikwenzakalise; siyakugqitha ukwangiwa kaninzi lutshaba.

7Umntu ohluthayo akabukhathalele nobusi, kanti ke olambayo ukufumana kunencasa nokutya okukrakrayo.

8Umntu okude nekhaya unjengentaka elahlekene nendlu yayo.

9Amafutha neziqholo zonwabisa intliziyo; ke lona ulonwabo oluzuzwa kumhlobo ziingcebiso ezinyanisekileyo.

10Ungaze wahlukane nezihlobo zakho, ungazilibali nezakowenu. Xa usengxakini sukubalekela kumntakwenu – isenokuba ngummelwane osondeleyo onokukunceda ngaphezulu komntakwenu okude.

11Yoba luvuyo kum, mfo wam, ukuba uthe waba sisilumko; ndotsho ndibe nako ukubaphendula abo bandigxekayo.

[12] A pessoa perspicaz percebe o perigo e busca refúgio; o incauto segue adiante e sofre todas as consequências.

[12]Umntu ondwebileyo uthi akuyibona ayicezele ingozi, kanti ke yena ongaqiqiyo uphoseka kuyo enzakale.

[13] Quem concorda em ser fiador de uma pessoa que não conhece, deve dar sua própria roupa como garantia de pagamento!

[13]Zithathe izambatho zomntu omele ityala londwendwe; ewe, bambisa ngazo kuba umele umntu wasemzini.

[14] Se acordas teu próximo logo ao romper da aurora com um grito de “bom dia”, este teu cumprimento soa como maldição!

[14]Umntu okhahlela ummelwana wakhe ngemibuliso kwasekuseni kusenokuba ngathi uyamshwabulela.

[15] Goteira pingando sem parar em dia de chuva e a mulher ranzinza são irritações muito parecidas;

[15]Umfazi osoloko eqhwaya ingxabano ufana namathontsi emvula engumvimbi.

[16] detê-la é como tentar frear o vento, como conter o óleo com as mãos!

[16]Unjengomoya wona ungenakunqandwa, nqwa namafutha wona angenako ukufunjathwa.

[17] Assim como o ferro afia o próprio ferro, as pessoas aprendem umas com as outras.

[17]Iintsimbi ziyalolana; ngokunjalo ke nezihlobo ziyakhuthazana.

[18] Quem cuida bem da sua figueira comerá dos seus frutos, e quem trata bem o seu patrão será recompensado.

[18]Umntu owukhathaleleyo umthi womkhiwane uyawafumana amakhiwane, nomntu oyibusayo inkosi yakhe uya kuwongwa.

[19] Assim como a água reflete o rosto, o coração revela quem somos nós!

[19]Umfanekiso womntu emanzini ubonakalisa inkangeleko yakhe; ngokunjalo nentliziyo yomntu ibonakalisa into ayiyo.

[20] O Sheol e o Abadom são insaciáveis, assim como nunca se fartam os olhos da humanidade.

[20]Ingcwaba nelabafileyo alize lihlúthe; akwanjalo namehlo omntu.

[21] O crisol é para a prata e o forno é para o ouro, mas o que prova o ser humano são os elogios que recebe.

[21]Isiliva ivavanywa ngokuyinyibilikisa embizeni; igolide ivavanywa ngokuyinyibilikisa kwiziko lomlilo; ke yena umntu uvavanywa ludumo alufumana ebantwini.

[22] Mesmo que você espanque o perverso, como grãos num pilão, a sua insensatez não se separa dele!

[22]Nokuba ungade usingqushe kunye nombona isityhakala, soze ubukhuphe ubutyhakala baso.

[23] Conhece bem o estado das tuas ovelhas, e presta atenção aos teus rebanhos;

[24] porque as riquezas não são para sempre, e nada garante que uma coroa seja transmitida de geração em geração.

[25] Quando o feno for cortado, surgirem novos brotos, e o capim das colinas for apanhado,

[26] as ovelhas te fornecerão lã para as tuas roupas, e poderás comprar mais terras com a venda de teus cabritos.

[27] Tuas cabras fornecerão leite com fartura para que alimentes a ti mesmo, tua família e todos os teus servos.

Provérbios 28

[1] O ímpio foge, mesmo que ninguém o persiga, mas as pessoas honestas são valentes como um leão.

[2] Quando um país está em revolta, os chefes se multiplicam, mas apenas um líder sábio consegue manter a ordem!

[3] Um pobre que sobe ao poder e oprime os pobres é como um furacão que chega de súbito, acaba com a plantação e destrói tudo à sua volta.

[4] Os que abandonam a Lei louvam o ímpio, os que observam a Lei o repreendem!

[5] As pessoas más não entendem o sentido do direito, mas os que buscam Yahweh, o SENHOR, o compreendem perfeitamente!

[6] É melhor o pobre que se mantém íntegro que o de atitudes perversas, ainda que rico.

[23]Qinisekisa ukuba uyayazi imo yemfuyo yakho, uyaluse ngononophelo imihlambi yakho.

[24]Kaloku ubutyebi obu yinto edlulayo, nesithsaba sobukhosi asihlali sihleli kwizizukulwana ngezizukulwana.

[25]Xa uyisikile ingca, wayenza ifulu, lo gama enye isaqala ukuntshula, nditsho xa utyani lwasezintabeni luhlanganisiwe,

[26]impahla yokunxiba ungayenza ngoboya beegusha, futhi uthengise iibhokhwe, ufumane ixabiso lentsimi.

[27]Kwezi ziseleyo unganako ukusenga uyondle intsapho yakho, ude uzibonelele nezicakazana zakho.

Izafobe 28

[1]Umntu okhohlakeleyo ubaleka kungekho mntu umsukelayo; ke wona amalungisa anobuganga njengeengonyama.

[2]Xa ilizwe linovukelo baba baninzi abafuna ukuphatha, kodwa xa kukho ophatha ngengqiqo nolwazi uyazinza.

[3]Umfo osweleyo otshutshisa amahlwempu uyafana nesikhukula esizitshabalalisayo izilimo.

[4]Izaphula-mthetho ziyazincoma izikhohlakali, kambe ke bona abawuthobelayo umthetho bayazichasa izikhohlakali.

[5]Abantu abagwenxa ababuqondi ubulungisa; kanti ke abo bazondelela uNdikhoyo baqonda zonke izinto.

[6]Lilungile ihlwempu elihambo ingenabala ngaphezu komkhohlisi ondlela zimbaxa nokuba usisityebi.

[7] Quem guarda a Lei é filho inteligente, mas o que anda em más companhias entristece e envergonha seus pais.

[8] Quem aumenta seus bens, por meio de juros escorchantes, ajunta para alguma outra pessoa que será bondosa para com os necessitados!

[9] O que desvia o ouvido para não ouvir a Lei, até mesmo sua oração se torna abominável.

[10] Quem engana um homem honesto e o induz a praticar o mal cairá em sua própria armadilha; entretanto quem é justo será grandemente recompensado!

[11] O rico arrogante é poderoso a seus próprios olhos, mas o pobre que é inteligente o conhece muito bem.

[12] Quando os justos triunfam, há grande glória; quando os ímpios tomam o poder, o povo corre em busca de um lugar para se esconder.

[13] Quem camufla suas faltas jamais alcançará o sucesso, mas quem as reconhece, confessa e abandona, recebe toda a compaixão de Deus!

[14] Feliz a pessoa que vive sempre no temor do SENHOR, mas o indiferente e o que se revolta contra o SENHOR cairá em desgraça.

[15] Leão rugindo e urso feroz: é o ímpio governando um povo enfraquecido.

[16] Um príncipe sem inteligência multiplica as extorsões; mas aquele que detesta a desonestidade governará por muito tempo!

[7]Umntwana onengqondo uyawuthobela umyalelo; ke yena otshomana noongantweni ubaphathela ihlazo abazali bakhe.

[8]Umntu ozuza ubutyebi kuba ebolekisa aze axhaphaze abantu ngenzala ayibizayo, obo butyebi abuqokelelayo busuka bufunyanwe ngumntu wumbi owazelelelayo amahlwempu.

[9]Umntu ozivalayo iindlebe zakhe kuwo umthetho kaThixo kwaumthandazo wakhe uyanyanyeka kuThixo.

[10]Umntu owexulela amalungisa ekwenzeni ububi uya kweyela kwakuloo mgibe wakhe, kanti ke bona abamsulwa baya kukudla ilifa okulungileyo.

[11]Isinhanha silumkile kwawaso amehlo, kanti ke lona ihlwempu eliqiqayo liyasibona into esiyiyo.

[12]Xa amalungisa athe aphumelela kuba yimivuyo nemincili, kodwa ke xa kuthe kwaphakama izikhohlakali abantu bayabaleka bazimele.

[13]Umntu osifihlayo isono sakhe akabi nampumelelo; kambe ke yena osivumayo, ahlukane naso, wenzelwa inceba.

[14]Unoyolo umntu ohlala ezoyikela; ke yena oqaqadekileyo uhlelwa ziinkathazo.

[15]Isiphathamandla esikhohlakeleyo, esilawula abantu abangenakuzilwela, sinjengengonyama egragramayo, okanye ibhere ehlaselayo.

[16]Umlawuli ongenangqondo uba ngumcinezeli; ke yena umlawuli

oyithiyileyo inzuzo yobuqhetseba uba nexesha elide.

[17] Um homem culpado de assassinato fugirá até a sepultura; que ninguém o proteja!

[17]Umntu ongcungcuthekiswa lityala lokubulala woba ngumsabi ade afe; makungabikho bani umxhasayo.

[18] Quem procura caminhar de maneira honesta viverá seguro, mas quem procede com perversidade subitamente encontrará a desgraça.

[18]Umntu ohamba ngengqibelelo uyakhuseleka ebomini; ke yena ondlela zimbaxa uyenzakala ngephanyazo.

[19] Quem cultiva sua terra sacia-se do pão, quem persegue ilusões se fartará de miséria.

[19]Umntu owalimayo amasimi akhe akasweli kutya, kanti ke yena osukelana namampunge uvuna ubuhlwempu.

[20] O homem leal receberá muitas bênçãos, mas quem se apressa para enriquecer não ficará impune.

[20]Umntu othembekileyo uyathamsanqeleka; kanti ke yena ongxamele ubutyebi akaze abe msulwa.

[21] Não é justo fazer acepção de pessoas, mas alguns juízes procedem assim por um pouco de dinheiro.

[21]Ukujonga ubuso akulunganga; kodwa ke abanye abantu bangade bone nangenxa yeqhekeza eli lesonka.

[22] O homem de olho ávido corre atrás da riqueza, e não sabe que a necessidade vai cair sobre ele.

[22]Umntu oligqolo usukelana nobutyebi; akaqondi ukuba usenokufikelwa bubuhlwempu.

[23] Quem repreende um homem depois achará favor, mais do que aquele que o bajula com palavras vãs.

[23]Omkhalimelayo umntu wothi kamva afumane ukuhlonitshwa kunalowo untetho ilalanisayo.

[24] Quem rouba seu pai e sua mãe, e alega: “Isso não é errado!”, é comparsa do Destruidor!

[24]Umntu oxhaphaza uyise nokuba ngunina, kodwa abe esithi: “Akukho nto imbi kuloo nto,” akahluke nganto kwisikrelemnqa.

[25] A pessoa gananciosa provoca contendas o tempo todo, mas quem confia no SENHOR prosperará em paz!

[25]Umntu onyolukileyo uphemba uqhushululu; kambe ke yena okholosa ngoNdikhoyo uya kuphumelela.

[26] Quem confia apenas em si mesmo é insensato, porém quem caminha de acordo com a sabedoria, não corre perigo.

[26]Umntu ozithembileyo akanangqondo; kodwa yena ohamba ngendlela yobulumko ukhuselekile.

[27] Quem dá aos pobres não viverá em necessidade, mas quem esconde seus olhos dos que precisam de ajuda sofrerá muitas maldições.

[27]Umntu onezinwe kumahlwempu akasweli nto; ovala amehlo akhe kwiintswelo zawo wohlala eqalekiswa.

[28] Quando os perversos sobem ao poder, o povo se esconde; mas quando eles encontram a destruição, os justos florescem!

Provérbios 29

[1] Quem retesa a nuca diante das repreensões será quebrado de repente, e sem remédio!

[2] Quando os justos se multiplicam, o povo se alegra; o povo se aflige, quando o perverso governa.

[3] O filho que ama a sabedoria é o orgulho do seu pai. Quem anda com mulheres imorais dá fim a tudo o que possui.

[4] Quando o governo é honesto, o país tem segurança; mas, quando o governo cobra impostos demais, a nação acaba em desgraça!

[5] O homem que bajula seu próximo está apenas construindo uma armadilha para si mesmo.

[6] Os ímpios são capturados nas artimanhas de seus próprios pecados, mas os justos andam livres e felizes!

[7] O justo se interessa em militar pela causa dos necessitados, o ímpio não tem a inteligência para dedicar-se a isso.

[8] Os zombadores alvoroçam toda uma cidade, mas os sábios conseguem apaziguar grandes conflitos.

[9] Quando um sábio se dispõe a discutir com um tolo, quer se zangue quer ria, jamais terá descanso!

[28]Xa kulawula izikhohlakali abantu bayabaleka bazimele, kodwa zakutshabalala amalungisa aba nempumelelo.

Izafobe 29

[1]Umntu okhalinyelwa njalo, kodwa abe neenkani, wosuka aphalale ngephanyazo, angaze abe nabuyambo.

[2]Wakuba sezandleni zamalungisa umbuso, batsho bavuye abantu; kambe ke kwakulawula isikhohlakali iba ziincwina zodwa.

[3]Othanda ubulumko uvuyisa uyise, kodwa ke yena othene nca namahenyukazi uchitha impahla yakhe.

[4]Xa ukumkani elawula ngobulungisa litsho lizinze ilizwe lakhe; kambe ke yena orhwiphiliza irhafu uyalibhuqa.

[5]Umntu onyhwalaza ummelwana wakhe uzenzela umgibe iinyawo zakhe.

[6]Umntu ogwenxa uthiyelwa sisono sakhe; kambe ke yena olilungisa uyaziculela onwabile.

[7]Umntu olilungisa unemfobe ngâbo bahlelelekileyo, ke yena umntu okhohlakeleyo akayiqondi nokuyiqonda into enjalo.

[8]Abagxeki baphembelela udushe esixekweni, kambe ke zona izilumko ziyawuthomalalalisa umsindo.

[9]Umntu osisilumko xa emangalelene nesiyatha sisuka sivuke umnyele siphoxise, kungabikho mvisiswano.

[10] Os assassinos detestam a pessoa íntegra, mas os homens retos protegem a vida de quem vive em integridade.
[11] O insensato expande todas suas paixões, mas o sábio as reprime e acalma sua alma!
[12] Se um chefe dá atenção às palavras mentirosas, seus auxiliares todos se tornam perversos.

[13] O enfraquecido e o opressor se encontram: é Yahweh, o SENHOR, quem deu a cada um o dom de enxergar.

[14] O rei que julga o pobre; com verdade estabelecerá seu trono para sempre.

[15] A vara da disciplina e as palavras da repreensão dão sabedoria, mas o jovem abandonado à sua própria sorte envergonhará sua mãe.
[16] Quando cresce o número dos ímpios, multiplicam-se as transgressões; contudo, os justos viverão o suficiente para ver a queda dos perversos!
[17] Corrige o teu filho, e ele te dará descanso; trará delícias para ti.
[18] Um povo que não aceita a revelação do SENHOR é uma nação sem ordem. Quem obedece à Palavra de Deus é feliz!
[19] Meras palavras não são suficientes para disciplinar um escravo; mesmo que as compreenda, não conseguirá reagir positivamente!
[20] Vês uma pessoa precipitada ao falar? Pois espera-se muito mais de um insensato do que de alguém com essa atitude.

[10]Izibulala-mntu zimthiyile umntu onyanisekileyo, ke bona abathe ngqo bayamkhusela umntu onjalo.
[11]Isiyatha asiwulawuli umsindo; kambe ke sona isilumko siyaphola sizibambe.

[12]Ukuba umlawuli nguthoba-sikutyele, onke amaphakathi akhe oba ngoongcothoza.

[13]Ihlwempu ndawonye nalowo ulingcungcuthekisayo bafana ngale nto yokuba bobabini banikwe amehlo abonayo nguNdikhoyo.
[14]Ukumkani ogweba ityala lehlwempu ngokunyanisekileyo ulawulo lwakhe luya kuhlala luzinzile.

[15]Uswazi lokululeka ludala ubulumko; kambe ke umntwana ongaqeqeshwayo umzisela ihlazo unina.

[16]Xa kulawula izikhohlakali siyanda isono, kambe ke wona amalungisa aya kukubona ukuwa kwazo.

[17]Umntwana olulekwayo uya kukunika ukuxola, aze ayivuyise intliziyo yakho.
[18]Abantu abangenawo umbono kaThixo baba ziindlobongela; phofu ke unoyolo umntu owuthobelayo umthetho kaThixo.

[19]Akuncedi nto ukulingxolisa ikhoboka, kuba nokuba liyaqonda aliyi kuphulaphula.

[20]Uyambona na umntu othetha nje engaqiqanga? Akunani kwaisityhakala kunaye.

[21] Se alguém mima seu escravo desde a infância, este, por fim, se tornará ingrato!

[22] A pessoa de mau gênio sempre causa algum tipo de problema e discórdia.

[23] O orgulhoso sempre acabará sendo grandemente humilhado; em contraste, chegará o dia em que o humilde receberá honra e glória.

[24] O comparsa de um criminoso é sempre o pior inimigo de si mesmo: se diante das autoridades ele disser a verdade, será castigado; se não disser, Deus o punirá!

[25] O medo humano sempre arma suas ciladas, mas quem confia em Yahweh, o SENHOR, vive em segurança!

[26] Muitos procuram o favor das pessoas importantes, mas o SENHOR dá o que cada um merece!

[27] O homem iníquo é abominável para os justos, o de caminho reto, entretanto, é amedrontador para os ímpios!

Provérbios 30

As palavras de Agur

[1] Palavras de sabedoria divina proclamadas por Agur, filho de Jaque: Este homem declarou a Itiel; a Itiel e a Ucal: “Ó Deus, fatiguei-me! Fatiguei-me, ó meu Deus, e exausto estou,

[2] porquanto sou demasiadamente tolo para ser homem, não tenho a inteligência humana,

[3] não aprendi a sabedoria, nem tenho o conhecimento do Santo!

[4] Quem subiu ao céu e de lá retornou? Quem reúne o poder dos ventos em uma das mãos? Quem represa as águas do mar numa

[21]Ukuba uyalitefisa ikhoboka kwasebutsheni balo, ekugqibeleni liya kukudela.

[22]Umntu ofan' acaphuke udala ingxabano; umfo onephuku uwa ewile esonweni.

[23]Ikratshi liyamwisa umntu; kambe ke othobekileyo uba nesidima.

[24]Ihlakani lomntu olisela lizibeka emngciphekweni; nakuba lisazi ukuba liza kohlwaywa nguThixo noko lithe cwaka.

[25]Ukuxhalela abantu kusenokuba ngumgibe; kambe ke othembela kuNdikhoyo ukhuselekile.

[26]Baninzi abazithandekisa kwiziphathamandla, kambe ke bona ubulungisa bufumaneka kuNdikhoyo.

[27]Umntu onobuqhetseba uyacekiswa ngamalungisa; ngokunjalo nomntu othe ngqo uyacekiswa ngabakhohlakeleyo.

Izafobe 30

Amazwi ka-Agure

[1]Nanga amazwi ka-Agure unyana kaYake, udaba olundilisekileyo.Yasuka yadanduluka indoda leyo, yathi kuItiyeli, ewe, uItiyeli noUkali:

[2]“Kaloku ndisesona sidenge ebantwini; kwaye ingqondo yomntu ayikho kum.

[3]Zange ndabufunda ubulumko; andimazi lowo uyiNgcwele kanye.

[4]Kanti ke, ngubani oselekhe waya ezulwini wabuya wehla; ingubani owakha wawubamba ngezakhe izanda umoya?

túnica? Quem determinou todos os limites da terra? Qual é o seu Nome, e o Nome do seu Filho? Respondei-me, se é que o sabes!

Khona, ngubani owakha wabamba amanzi wawaqhinela ngesondo lengubo yakhe; ingubani khona owamisa imida yehlabathi? Khawutsho kaloku, ukuba unolwazi! Ngubani igama lakhe; ingubani unyana wakhe?

5 A Palavra de Deus é comprovadamente pura, Ele é um escudo para quem nele confia totalmente.

5“Yonke into ayithethayo uThixo ithembekile; ulikhaka kwabazimela ngaye.

6 Não acrescentes nada às suas palavras; jamais declare algo que Deus não disse, para que Ele não te contradiga e passes por mentiroso.

6Musa ukongeza kwintetho yakhe, hleze akukhalimele, budandalaze ubuxoki bakho.”

Ezinye izafobe

7 Duas bênçãos peço a Ti que me dês, não mas negues, antes que eu morra:

7Awu, Bawo, zimbini nje qha izinto endizicelayo kuwe; ewe, ndiphe zona ndingekafi!

8 Afasta de mim a falsidade e a mentira; também não me permitas viver em extrema pobreza nem em grande riqueza; concede-me o sustento diário necessário.

8Ndikhwebule kubuqhetseba nokuxoka; mandingade ndibe sisityebi okanye ndihlwempuzeke, nto nje ndiqhekezele isonka sam semihla ngemihla,

9 Para que não ocorra que, tendo em demasia, venha eu a imaginar que não preciso do Senhor. Ou, passando miséria, acabe roubando e envergonhando o teu Nome, ó meu Deus!

9hleze ndikukhanyele ndakuhlutha, ndisuke ndithi: “Kuxa engubani yena uNdikhoyo?” Ukanti ke naxa ndihlwempuzekile ndingasuka ndibe, ndihlazise igama likaThixo wam.

10 Não calunies o servo diante de seu patrão; ele te amaldiçoará, e serás castigado.

10Isicaka sukusigxeka enkosini yaso, hleze sikushwabulele ube nobutyala.

11 Há quem amaldiçoa o pai e não abençoa a mãe;

11Abanye abantu bayamshwabulela uyise, bangamthamsanqelisi nonina.

12 há quem se considera puro e não se lava de sua imundície;

12Bona bazicingela ukuba banyulu, kodwa babe bengazange bahlambuluka.

13 há pessoas de olhares altivos; e de semblantes arrogantes;

13Aba bantu bazicingela bhetele. Awu, baziphakamisile kambe!

14 há quem ostente dentes como espadas afiadas, cujas mandíbulas estão sempre armadas de facas com o objetivo de devorar

14Basisizukulwana esimazinyo aziingxavula okwekrele, esimabamba abukhali okwemela, khon' ukuze baxhaphaze

os fragilizados desta terra e os pobres da humanidade.

15 A sanguessuga tem duas filhas que se chamam: 'Me dá!' e 'Me dá!' Há três grandes demandas que jamais estão completamente satisfeitas, quatro que nunca declaram: 'É o bastante!':

16 O Sheol, a mulher sem filhos; a terra seca que precisa sempre de chuva; e o fogo de um incêndio!

17 Os olhos de quem ridiculariza seu pai, ou de quem trata sem consideração e obediência a própria mãe serão arrancados pelos corvos do vale, e serão devorados pelos filhotes dos abutres!

18 Há três caminhos misteriosos demais para a minha compreensão, quatro que não consigo entender:

19 O caminho do abutre pelo céu, o caminho da serpente sobre a rocha, o caminho do navio em alto mar, e o caminho do homem com sua mulher amada!

20 Entretanto, o caminho da mulher imoral é assim: ela pratica adultério, toma banho e logo em seguida alega: "Não fiz nada de errado!"

21 Três eventos abalam as estruturas do mundo, quatro a terra não pode suportar:

22 O escravo que se torna rei, o insensato que se satisfaz com sua refeição,

23 a mulher de mau gênio que consegue se casar, e a serva que toma o lugar de sua senhora!

amahlwempu ehlabathini, ewe, nditsho abasweleyo phakathi kwabantu.

15Ikhalane lineentombi ezimbini; zithi: "Ndiphe! Ndiphe!" Ewe, zintathu izinto ezingahluthiyo, gxebe, zine ezingasoze zithi: "Kwanele!":

16elabafileyo; umfazi ongafumani bantwana; umhlaba onxaniweyo; nomlilo ongatshoyo ukuthi: "Kwanele!"

17Amehlo omntu ophoxisa ngoyise nocekisa ukuthobela unina aya kuxholwa ngamahlungulu, anqwamzwe ngamaxhalanga.

18Kukho izinto ezintathu eziyintsonkotha kum; gxebe, zine endingaziqondiyo:

19ukubhabha kokhozi esibhakabhakeni; ukurhubuluza kwenyoka elulwalweni; ukuhamba kwenqanawa enzulwini yolwandle; ukuthandana komfana nentombi.

20Inje indlela yomfazi okrexezayo: Uyadla, asule umlomo, athi: "Andenzanga nto imbi!"

21Zintathu izinto ezilishukumisayo ihlabathi; gxebe, zine elingenako ukuzinyamezela:

22kukuba phantsi kwekhoboka eliye laba ngukumkani, okanye isiyatha xa sithe sahlutha kukutya;

23kukuba phantsi kwebhinqa ebelingafunwa elide latshata, okanye isicakazana xa sithe sathatha indawo yenkosikazi yaso.

[24] Quatro seres da terra são muito pequenos e, contudo, admiravelmente sábios:
[25] As formigas, criaturas de pouca força, entretanto, conseguem armazenar todo o alimento de que necessitam no verão;
[26] os coelhos, animais sem nenhum poder, contudo, habitam nas alturas dos penhascos;
[27] os gafanhotos, que não têm rei, mas ainda assim conseguem trabalhar unidos e avançam em fileiras em direção a um objetivo;
[28] a lagartixa, que qualquer pessoa pode pegar com a mão, contudo, habita também nos palácios dos grandes monarcas!
[29] Há três seres de andar elegante, quatro que se locomovem majestosamente:

[30] O leão, que é o mais poderoso de todos os animais, e nada o intimida;

[31] o galo de andar altivo; o bode; e o rei à frente do seu exército!

[32] Se procedeste como um tolo em te exaltares ou se tramaste o mal, tapa a boca com a mão.
[33] Pois assim como bater o leite produz manteiga, da mesma forma, uma pancada no nariz faz jorrar muito sangue e provocar a raiva de alguém só produzirá uma grande briga!

Provérbios 31

Os conselhos que a mãe do rei Lemuel deu a seu filho

[1] Oráculos de Lemuel, rei de Massá, os quais sua mãe lhe ministrou:

[24]Kukho izinto ezine ezincinane emhlabeni, kodwa zilumke gqitha.

[25]Iimbovane ziluhlanga oluethe-ethe, kodwa ziqokelela ukutya ehlotyeni.

[26]Iimbila zisisizwe esingenamandla, kanti zimisa izindlu zazo emaweni.

[27]Iinkumbi azinankosi, kodwa zihamba amaqela ngamaqela.

[28]Icikilishe yinto ongayibamba nangesandla sakho, kodwa liyafumaneka nakumabhotwe ookumkani.
[29]Zintathu izinto ezibukelekayo xa zihamba; gxebe, zine ezichul' ukunyathela:
[30]yingonyama, igorha phakathi kwezilwanyana, yona ingahlehliyo nakweyiphi na into;
[31]ngumqhagi ondolosayo; yinkunzi yebhokhwe; ngukumkani ephahlwe ngumkhosi wakhe.
[32]Ukuba wenze izinto zobudenge waziphakamisa, okanye ukuba uthe waceba ububi, khawuthi xha!

[33]Wakulucofa ucwambu kuvela ibhotolo, wakuyixhimfa impumlo isuka yophe, wakuxhokonxa umsindo kugqabhuka imbambano.

Izafobe 31

Ukumkani uyacetyiswa

[1]La ngamazi kakumkani uLemweli, udaba olundilisekileyo awaqeqeshwa ngalo ngunina.

[2] “Que tens, amado filho meu? Filho de minhas entranhas, resposta às minhas
[3] Não entregues a tua força às mulheres, nem o teu vigor aos que corrompem os que governam.
[4] Escutai, Lemuel! Não é prudente que os reis bebam muito vinho, tampouco aqueles que têm a responsabilidade de governar se entreguem também às outras formas de embriaguez;
[5] porquanto quando não estão sóbrios se esquecem do bom siso e das leis, e não são solidários aos direitos dos fracos e dos pobres.
[6] Dá licor ao moribundo, e vinho aos amargurados;
[7] bebam e esqueçam-se da miséria, e não se lembrem de suas aflições.
[8] Abre a tua boca em favor dos que não podem se defender; sê o protetor dos direitos de todos os desamparados!
[9] Ergue a tua voz e julga com justiça, defende o pobre e o indigente.”
[10] Mulher virtuosa, quem a achará? O seu valor em muito ultrapassa os das mais finas jóias!
[11] O seu marido tem plena confiança nela, e a miséria jamais chegará à sua casa.
[12] Essa esposa exemplar faz ao seu marido sempre o bem e nunca o mal.
[13] Escolhe a lã e o linho e com alegria trabalha com as próprias mãos.
[14] Como os navios mercantes, ela traz de longe as provisões para seu lar.

[2]“Awu, mtanam, sana lwesizalo sam, nyana wezibhambathiso zam,
[3]amandla akho musa ukuwaqoba ngamankazana, iindlela zakho ungazilahleli kwabo babhangisa ookumkani!
[4]“Lemweli, iwayini ayibafanelanga ookumkani, ewe, ookumkani ayibafanelanga; iziphathamandla akulunganga zizinikele etywaleni.
[5]Kaloku zakusela zitsho ziwulibale umthetho, zingabi sawakhathalela amalungelo abantu abahlelelekileyo.
[6]Utywala bufanele abo kungasekho thuba kubo, abo baminxekileyo ziinzingo.
[7]Kaloku bona bakusela bayabulibala ubuhlwempu babo, bangabi sazikhumbula neengxaki zabo.
[8]“Thetha ubamele abantu abangakwaziyo ukuzithethelela; ncedisana nabo uwakhusele amalungelo eendwayinge.
[9]Bamele ubabonelele ngokwasemthethweni; ncedisana nabo abahlelelekileyo nabasweleyo.”

Umfazi onesidima

[10]Awu, akanqabe ngako umfazi onesidima! Lingaphezulu lee nakumatye anqabileyo ixabiso lakhe!
[11]Onjalo uthenjiwe mpela yindoda yakhe, futhi ke ayihlelelekanga nganto.
[12]Uyiphatha kakuhle, kungabi kakubi, yonke imihla yobomi bakhe.
[13]Uthatha umqhaphu newulu, asebenze ngenkuthalo ngezandla zakhe.
[14]Uhamba njengeenqanawa zabarhwebi, efuna ukutya kosapho nakwelikude.

[15] Antes do romper da aurora, ela se levanta a fim de preparar a comida para todos os de casa e dar ordens às suas colaboradoras.

[16] Ela sabe avaliar a conveniência de um campo agricultável e o compra com o seu salário; planta nessas terras sua própria vinha.

[17] Dedica-se com prazer a seu trabalho; seus braços são fortes e vigorosos.

[18] Administra com sabedoria, e seus negócios produzem lucros; mesmo tarde da noite sua lâmpada não se apaga.

[19] Com talento e delicadeza prepara os fios de lã e de linho para tecer as roupas da família.

[20] Coopera com os pobres e necessitados.

[21] Quando chega o inverno rigoroso, ela não se preocupa, pois todos em sua casa têm agasalhos para vestir.

[22] Tece cobertas para sua cama e tem condições para se vestir de linho e púrpura.

[23] Nas assembleias à porta da cidade, onde seu marido toma assento entre as autoridades de sua terra, ele é respeitado.

[24] Ela produz roupas de linho e as vende, fornece também cintos de couro aos comerciantes.

[25] Sua melhor roupa consiste de força e dignidade; é otimista em relação ao futuro!

[26] Abre a boca com sabedoria, e sua língua sabe ensinar com bondade e paciência.

[27] Acompanha seus servos e cuida dos negócios de sua casa sem dar lugar à preguiça.

[15]Uvuka kusathi qhekre ukusa, alungiselele usapho ukutya, anike izicakazana zakhe imiyalelo.

[16]Uyayigqala intsimi, aze ayithenge, athathe kwimali ayisebenzeleyo, atyale isidiliya.

[17]Usoloko ebhinqa omfutshane; iingalo zakhe zimelana nawo wonke umsebenzi.

[18]Uyayiqwalasela inzuzo yokushishina kwakhe; isibane sakhe asicimi ebusuku.

[19]Izandla zakhe aziyeki ukuphotha, neminwe yakhe ayisuki kumashini wokuluka.

[20]Isandla sakhe sisoloko sivulekile kumahlwempu; ewe, izinwe zakhe zifikelela nakwabasweleyo.

[21]Akanaxhala noba selikhithika, kuba kaloku usapho lwakhe lunezingayiwayo iimpahla zobusika.

[22]Uzenzela iingubo zokwandlala ezihonjisiweyo kunene; unxiba ezelaphu elihle elimsobo.

[23]Nendoda yakhe iyaziwa enkundleni ngasemasangweni, apho ihlala khona namadoda amakhulu elizwe.

[24]Uthunga impahla entle yokunxiba, athengise ngayo; wenza imixwayo ayithengise kubarhwebi.

[25]Uthiwe jize ngamandla nesidima, ibe ke akanaxhala ngengomso.

[26]Xa evula umlomo uthetha ngobulumko; xa enika iziluleko oko ukwenza ngenceba.

[27]Ulalusile ikhaya lakhe; akasidli isonka sobuvila.

[28] Seus filhos fazem questão de elogiá-la e seu marido proclama suas virtudes,

[29] “Muitas mulheres são notáveis, tu, porém, a todas sobrepujas!”

[30] A beleza é uma ilusão, e a formosura é passageira; contudo, a mulher que teme a Yahweh, o SENHOR, essa será honrada!

[31] Seja essa mulher virtuosa recompensada por seus merecimentos, e suas boas obras, proclamadas à porta da cidade!

[28]Abantwana bakhe bayamhlonela, bathi unoyolo; nendoda yakhe ungayiva imncoma, isithi:

[29]“Baninzi abafazi abenza imisebenzi emihle; kodwa wena ubagqwesa bonke!”

[30]Umfazi onomtsalane angakukhohlisa, ke bona ubuhle buyatshitsha; kuphela ngumfazi ohlonela uNdikhoyo oya kubongwa.

[31]Ncoma umwonge ngenxa yoko kwenziwa zizandla zakhe; ewe, makutyibelwe kudombozwe ngemisebenzi yakhe naphaya emasangweni.

Eclesiastes	Amava Engqondi

Eclesiastes 1

A vaidade de todas as coisas terrestres

[1] Eis as palavras de Cohéllet ben David,o mestre, filho de Davi, rei de Jerusalém:

[2] “Que grande ilusão! Que grande inutilidade! Nada faz sentido!”, diz o sábio.

[3] Que vantagem tem o ser humano em todo o seu trabalho, em que tanto se dedica debaixo do sol?

[4] Gerações nascem e gerações morrem, mas a terra permanece sempre do mesmo jeito.

[5] O sol se levanta no horizonte e ao fim do dia se põe, e depressa volta ao lugar de onde se levanta para um novo dia.

[6] Os ventos sopram para o sul, depois viram para o norte; dão voltas e mais voltas e cessam no ponto de partida.

[7] Todos os rios correm para o mar; contudo, o mar nunca se enche; ainda que sempre se dirijam para o mar, para lá voltam a correr.

[8] Todas as atividades humanas geram cansaço. Nenhum ser humano é capaz de dar uma boa explicação sobre isso. Mas os olhos nunca se saciam de ver, nem os ouvidos de escutar.

[9] O que foi voltará a ser, o que aconteceu, ocorrerá de novo, o que foi feito se fará outra vez; não existe nada de novo debaixo do sol.

[10] Será que há algo do qual se possa dizer: ‘Vê! De fato, isto é absolutamente inédito?’ Não! Já existiu em épocas anteriores à nossa.

Amava Engqondi 1

Akukho nto intsha ehlabathini

[1]Nanga amazwi eNgqondi, unyana kaDavide, ukumkani waseJerusalem:

[2]“Ngamampunge awo amampunge;” itsho iNgqondi, “ewe, ngokupheleleyo ngamampunge; yonk' into ngamampunge!”

[3]Kumnceda ntoni umntu ukuzabalaza esebenza? Ude azuze ntoni ngokubulaleka kwakhe apha phantsi kwelanga?

[4]Izizukulwana ziyafika, izizukulwana ziyemka, kodwa ke lona ihlabathi limi ngonaphakade.

[5]Ilanga liyaphuma, kanti ke ilanga libuya litshone, lize ke likhawuleze liye apho liya kuphuma khona.

[6]Umoya ubhudla ubhekisa ngasezantsi, ubuye ubhekise ngasentla; wenza loo njike-njike uthatha umjikelo wawo.

[7]Yonk' imilambo ingena elwandle, kodwa ke lona ulwandle aluzali; amanzi abuyela apho ebevela khona, aphinde asinge apho ebesiya khona.

[8]Yonke into yindebelefele yendinisa engathethekiyo: iliso liyabona, kodwa alaneli; kanti nendlebe iyeva, kodwa ayihluthi.

[9]Into eyakha yakho yophinda ibe khona. Le nto yenzekileyo iya kuphinda yenzeke kwakhona. Akukho nto intsha phantsi kwelanga.

[10]Ungabeva besithi: “Uyabona ke, intsha le nto!” Ukanti ke ibikho kakade, ntlandlolo kwangaphambili.

[11] Ninguém se lembra dos que viveram na antiguidade. Não há recordações do que aconteceu no passado, e mesmo o que ainda vier a ocorrer de significativo não será lembrado por todos que vierem depois disso.

[12] Eu, Cohéllet, o sábio, fui rei de Israel em Jerusalém.

[13] Empreguei todo o meu coração a investigar e a fazer uso do saber para explorar tudo o que é realizado debaixo dos céus. Que fardo pesado Deus colocou sobre os ombros dos seres humanos para dele se atarefarem.

[14] Examinei todas as obras que se fazem debaixo do sol e cheguei à conclusão de que tudo é inútil, é como uma corrida sem fim atrás do vento!

[15] Não se pode endireitar o que é torto; da mesma maneira que não se pode contar o que está faltando!

[16] Então fiquei meditando: 'Ora, aqui estou eu com tanto conhecimento acumulado que ultrapassa a sabedoria dos meus predecessores em Jerusalém; minha mente alcançou o ponto mais alto do entendimento e do saber.

[17] Por esse motivo me esforcei ao máximo para compreender a sabedoria, bem como a loucura e a insensatez; contudo, o que aprendi, de fato, é que isso igualmente é correr atrás do vento.'

[18] Afinal, quanto maior o saber, maior o sofrimento; e quanto maior o entendimento maior o desgosto."

Eclesiastes 2

[11]Izinto zakudala azisakhunjulwa; ukanti ke nezi zanamhlanje izinto aziyi kwaziwa sisizukulwana esizayo.

Ukuzama ukubalasela ngamampunge

[12]Ke mna Ngqondi ndandingukumkani wakwaSirayeli eJerusalem.

[13]Ndasuka ndazimisela ukuphicotha ndenze uphando ngobulumko ngazo zonke izinto ezenzekayo ehlabathini. Ewe, uThixo ubanike uxanduva lomzabalazo otyhafisayo abantu.

[14]Ndizibonile ke zonke izinto ezenziwayo phantsi kwelanga; zonke zingamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

[15]Kaloku into egoso-goso ayinakolulwa; ukanti nento engekhoyo ayinakubalwa.

[16]Ndaziva sendisithi kum ngaphakathi: "Ngoku mna ndide ndabalasela ngobulumko kunaye nabani na owakhe walawula eJerusalem ngaphambi kwam. Ndinamava aphangaleleyo ngobulumko nolwazi.

[17]Ndazimisela ukuzuza ulwazi nobulumko, ndibuqonde ubutyhakala nobudenge, kodwa ndafikelela kwelithi naleyo into ifana nokusukelana nomoya."

[18]Ukukhula kobulumko kwandisa ukukhathazeka; kanti ke nokukhula kolwazi kongeza iinzingo.

Amava Engqondi 2

Os prazeres e as riquezas não dão felicidade

[1] Eu disse a mim mesmo: 'Pois bem, eu te farei experimentar o prazer em toda a sua intensidade e conhecer as grandes alegrias da vida!' Contudo, isso também se demonstrou algo inútil, mais uma vaidade.

[2] Só me fez concluir que do riso o que sobra é a tolice; e da alegria, o que resulta é o vazio.

[3] Então decidi entregar-me aos vinhos e à extravagância, procurando, entretanto, manter mente e coração sob a liderança da sabedoria. Eu desejava descobrir o que, de fato, vale a pena debaixo dos céus, durante esses poucos anos que um ser humano vive sobre a terra.

[4] Depois concentrei-me no trabalho de edificar obras magníficas: construí palácios para mim mesmo e plantei imensos vinhedos.

[5] Projetei e mandei construir belos jardins e pomares e neles plantei todo tipo de árvore frutífera.

[6] Construí grandes reservatórios de água para irrigar os meus muitos bosques verdejantes.

[7] Comprei uma infinidade de escravos e escravas e muitos foram os escravos que nasceram em minhas terras. Além de toda essa criadagem, tive mais bois e ovelhas do que todos os que viveram antes de mim em Jerusalém.

[8] Acumulei para mim prata e ouro, riquezas sem conta dos reis e das províncias. Escolhi os melhores cantores e cantoras, e servi-me de um imenso harém, experimentei os

Iziyolo ngamampunge

[1]Ke kaloku ndagqiba kwelithi: "Makhe ndilinge iziyolo, ndizonwabise, ndive ukuba kunjani na!" Kodwa ke ndafumanisa ukuba naloo nto ngamampunge.

[2]Ukuhleka ndathi: "Bubuyatha;" iziyolo zona: "Ngaba zindizisela ntoni?"

[3]Ndacamanga entliziyweni yam ukuba mandithi lo gama ndifuna ubulumko khe ndizilahlele kwiwayini, ndiziphathe okwesityhakala, ndide ndibone ukuba yeyiphi into ebalungeleyo oonyana babantu ukuba bayenze apha emhlabeni ngemihla embalwa yobomi babo.

[4]Ndenza imisebenzi emikhulu: ndazakhela izindlu, ndatyala izidiliya,

[5]ndalima izitiya, ndenza nemiyezo, kuyo ndatyala zonke iintlobo-ntlobo zeziqhamo.

[6]Ndemba ndenza amadama ukuze ndinkcenkceshele loo mithi isahlumayo.

[7]Ndandizithengela amakhoboka angamadoda nabhinqileyo, kwada kwakho namakhoboka azalelwa emzini wam. Ndandinemihlambi emininzi yeenkomo nempahla emfutshane ngaphezu kweyabo bonke abakhe bahlala ngaphambi kwam eJerusalem.

[8]Ndaqokelela imfumba yesiliva negolide, ndiyithatha kwindyebo yookumkani abaphantsi kwam, namazwe endiwalawulayo. Ndandineekwayala

maiores prazeres que um ser humano pode sonhar.

[9] Tornei-me mais poderoso e famoso do que todos os governantes que viveram em Jerusalém antes de mim, sempre me mantendo junto ao meu saber.

[10] De tudo quanto meus olhos e meu corpo desejaram não lhes neguei nada; jamais privei meu coração de alegria alguma; sabia desfrutar de todo o meu trabalho; essa, pois, foi a recompensa que obtive de todo o trabalho que realizei dedicadamente.

[11] Contudo, no momento em que passei a examinar tudo o que minhas mãos haviam produzido e o trabalho que eu tanto me esforçara com alegria para realizar, compreendi que, na verdade, tudo não passava de vaidade, um inútil e enorme vazio, como correr atrás do vento; ou seja, não há qualquer valor real, nada útil, em tudo o que se faz debaixo do sol.

[12] Contudo, comecei a refletir sobre a relação que há entre a sabedoria e a loucura. Ora, o que pode realizar o sucessor de um rei, a não ser repetir o que já foi feito?

[13] Observei que a sabedoria é mais proveitosa do que a insensatez, assim como a luz é mais benéfica que as trevas.

[14] Entendi que o sábio tem olhos que enxergam melhor e além, mas o tolo tateia pelas trevas; entretanto, notei que ambos têm a mesma sorte.

[15] Diante disso, pensei mais profundamente: 'Ora, se o que acontece ao insensato acabará

zokundonwabisa – amadoda nabantu ababhinqileyo. Kananjalo ndandinabafazi abaninzi ngokomnqweno wentliziyo yam.

[9]Ewe, ndandisisikhulu, ndimkhulu kunabo bonke abakhe bema eJerusalem ngaphambi kwam. Ngalo lonke eli xesha bendincedwa bubulumko bam.

[10]Yonke into endandiyinqwenela ndandiyifumana, kungekho nasiyolo sakha sandiphosa. Ndandineqhayiya, ndizidla ngayo yonke imizabalazo yam; lowo yaba ngumvuzo wam ngoko kubulaleka.

[11]Ndathi ke ndakuwuphononongа wonke umsebenzi wezandla zam nokubulaleka endibulaleke ngako, ndafumanisa ukuba yonke loo nto ngamampunge nje, yimfeketho enjengokusukelana nomoya. Ewe, akukho nzuzo apha phantsi kwelanga.

Ubulumko nobutyhakala ngamampunge

[12]Ndaza ke ndaphicotha umahluko phakathi kobulumko kunye nobutyhakala nobudenge. Kakade yintoni anokuyenza ongena ezihlangwini zokumkani ebeyingasele yenziwa ngaphambili?

[13]Ndabona ukuba ubulumko buyakhetheka kunobutyhakala, kwanjengokuba ukukhanya kungcono kunobumnyama.

[14]Umntu osisilumko uyabona apho aya khona, kanti ke sona isityhakala sifathula emnyameni. Kambe ke ndafumanisa ukuba bebonke isiphelo sinye.

[15]Ndagqiba kwelithi: "Nam ngokwam ndiya kufa kwanjengesityhakala, ibe yintoni ke

ocorrendo comigo, que proveito tive eu em alcançar a sabedoria?' Então retruquei a mim mesmo: 'Vê! Isso, semelhante a tudo mais, é pura vaidade, não faz sentido!'

16 Assim, nem o sábio nem o insensato serão lembrados para sempre pelas gerações futuras, ambos serão simplesmente esquecidos no tempo. Mas como pode o sábio morrer da mesma maneira que o insensato?

17 Detesto a vida, pois vejo que a obra que se realiza debaixo do sol é árdua e desagradável. Tudo é um vazio só, correr atrás do vento.

18 Detesto todo o trabalho com que me afadigo diariamente, pois, se tenho que deixar tudo ao meu sucessor,

19 quem sabe se ele será um homem sábio ou néscio? Todavia, ele será o verdadeiro dono de todo o trabalho que realizei com extremo esforço e sabedoria debaixo do sol; e isso também não faz o menor sentido, é vazio.

20 Desprezei a vida e entreguei meu coração ao desespero, tudo por causa do trabalho em que tanto me esforcei debaixo do sol, para concluir que foi nulo. Ora, tudo é um absurdo!

21 Há quem trabalhe com sabedoria, conhecimento e sucesso, e deixe sua porção como herança a outro que não trabalhou. Isso também é vaidade e grande injustiça.

endiyizuzileyo ngobulumko?" Ndaza ndagqiba kwelithi: "Nale ke into ikwangamampunge.

16Isilumko siyalityalwa, kanti nesityhakala asikhunjulwa. Ngemihla ezayo bobabini bayalityalwa, bangabi sakhunjulwa. Kukugqwesa ngantoni ke ukufa kwesilumko ukufa kwesityhakala?"

Ukubulaleka ngamampunge

17Ngoko ke ndatsho ndabucaphukela ubomi, kuba yonke into eyenziwa apha phantsi kwelanga yasuka yandiphathela inkxwaleko. Ewe, zonke izinto ngamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

18Ke kaloku ndasuka ndakucaphukela konke ukubulaleka kwam apha phantsi kwelanga, kuba ndisazi ukuba ndihlalelwe kukuzishiya kulowo undilandelayo zonke izinto endizenzileyo.

19Kwazi bani ke ukuba woba sisilumko okanye isityhakala? Ukanti ke noba kunjalo konke ukubulaleka nobuchule bam apha phantsi kwelanga buya kuba semandleni akhe. Hayi suka, ngamampunge lawo!

20Ngoko ke ndatsho ndazisola ngokubulaleka kwam konke apha phantsi kwelanga.

21Kaloku umntu ebesenokuwenza umsebenzi wakhe ngobulumko, ingqiqo, nobuchule, kanti yonke loo nto abulaleke ngayo uza kuyishiya emntwini

ongayisebenzelanga mpela-mpela! Ngenene nale into ngamampunge; imbi kunene!

[22] Sendo assim, o que resta ao homem de todo o trabalho e ansiedade com que o seu coração se afadigou debaixo do sol?

[22]Kodwa-kodwa uzuza ntoni umntu ngemizabalazo nokubulaleka kwakhe apha phantsi kwelanga?

[23] Durante todos os seus anos de vida, o trabalho humano é pura dor e tristeza; mesmo durante à noite a sua mente não repousa tranquila. Isso, de igual modo, é nulidade e vazio.

[23]Yonke imihla yakhe yinkxwaleko, nokuzabalaza kwakhe ziinzingo. Nasebusuku uyaphuthelwa angaphumli. Ewe, yonke loo nto nayo ingamampunge.

[24] Para o homem não existe nada melhor do que comer, beber e se alegrar no trabalho que realiza. Contudo, compreendi que mesmo estes prazeres só podem ser concedidos pelas mãos de Deus,

[24]Ayikho enye into angayenzayo umntu ngaphandle kokuba atye asele,ahlale anelisekile kukubulaleka kwakhe. Phofu ke naleyo ndafumanisa ukuba iphuma kwasesandleni sikaThixo,

[25] pois quem pode comer, beber, trabalhar ou ter alegrias sem que tudo isso venha de Deus?

[25]kuba kaloku ngaphandle kwakhe akukho mntu ungatyayo okanye onwabe.

[26] Deus concede sabedoria, entendimento e felicidade às pessoas que nele têm o seu prazer. Quanto ao pecador, Deus o encarrega de ajuntar e armazenar riquezas para entregá-las a quem o agrada. Também isto é vão e frustrante.

[26]Kaloku uThixo umnika ubulumko, ingqiqo, nokonwaba, loo mntu umkholisayo; kambe ke bona abagwenxa abanike uxanduva lokusebenza nzima, beqweba beqokelela ubutyebi, ukuze ke babunikezele kwabo bakholisa uThixo. Ngenene nale into ngamampunge, ifana nokusukelana nomoya.

Eclesiastes 3

Há para todas as coisas um tempo determinado por Deus

[1] Para todas as realizações há um momento certo; existe sempre um tempo apropriado para todo o propósito debaixo do céu.

[2] Há o tempo de nascer e a época de morrer, tempo de plantar e o tempo de arrancar o que se plantou,

Amava Engqondi 3

Yonke into inexesha layo

[1]Yonke into inexesha layo; umbandela ngamnye unethuba lawo apha emhlabeni.

[2]Ukuzalwa kunexesha lako, nokufa kunexesha lako. Likho ixesha lokutyala, likwakho nexesha lokuncothula.

[3] tempo de matar e tempo de curar, tempo de derrubar e tempo de edificar,

[4] tempo de chorar e tempo de rir, tempo de lamentar e tempo de dançar,

[5] tempo de atirar pedras e tempo de guardar as pedras; tempo de abraçar e tempo de se apartar do abraço,

[6] tempo de buscar, e tempo de desistir, tempo de conservar e tempo de jogar fora,

[7] tempo de rasgar, e tempo de costurar; tempo de ficar quieto e tempo de expressar o que se sente,

[8] tempo de amar e tempo de odiar, tempo de lutar e tempo de estabelecer a paz.

[9] Que proveito o trabalhador tira de sua fadiga diária?

[10] Observo a tarefa que Deus deu aos seres humanos para que dela se ocupem.

[11] Ele fez tudo apropriado ao seu tempo. Também colocou no coração do homem o desejo profundo pela eternidade; contudo, o ser humano não consegue perceber completamente o que Deus realizou.

[12] Sendo assim, compreendi que não pode haver felicidade para o homem a não ser a de alegrar-se e fazer o bem durante toda a sua vida.

[13] E, descobri também que a própria condição de comer, beber e desfrutar das

[3]Likho ixesha lokubulala, kanti likho nexesha lokunyanga. Ukuchitha kunexesha lako, nokwakha kunexesha lako.

[4]Ukulila kunexesha lako, nokuhleka kunexesha lako. Likho ixesha lokuzila, likwakho nexesha lemihlali.

[5]Ukusarhaza amatye kunexesha lako, nokuqokelela amatye kunexesha lako. Likho ixesha lokuwolana, likwakho nexesha lokuyeka ukuwolana.

[6]Ukufuna kunexesha lako, nokuncama kunexesha lako. Ukugcina kunexesha lako, nokulahla kunexesha lako.

[7]Likho ixesha lokukrazula, likwakho nexesha lokuthunga. Ukuthi cwaka kunexesha lako, kanti nokuthetha kunexesha lako.

[8]Uthando lunexesha lalo, nokucaphukela kunexesha lako. Likho ixesha lemfazwe, kanti likwakho nexesha loxolo.

[9]Umntu uzuza ntoni ke ngemizabalazo yakhe?

[10]Ndilubonile uxanduva alunike uluntu uThixo.

[11]Into yonke uyimisele ixesha layo. Umntu yena umnike ulangazelelo lokuqonda nangamaxesha angamiselwanga. Kodwa ke umntu akafikeleli ekuyazini into eyenziwa nguThixo ukususela ekuqaleni kuye esiphelweni.

[12]Ndifumanise ukuba akukho nto iyenye angayenzayo umntu ngaphandle kokuba ahlale onwabile, enze okulungileyo lo gama esaphila,

[13]kwanokuba wonke umntu atye asele aneliseke yimigudu yakhe. Kaloku sisipho esivela kuThixo eso.

recompensas pelo seu trabalho é um presente de Deus.

[14] Compreendi ainda que tudo o que Deus faz dura para sempre: ao que Deus criou nada se pode acrescentar, de igual modo, nada se pode subtrair. Esse é o método de Deus para fazer com que a humanidade o ame reverentemente.

[15] Assim, tudo o que há, já havia existido; o que será, já existiu antigamente; Deus pode renovar o que já passou!

[16] Observei que debaixo do sol: 'No lugar da justiça prevalece a malignidade, no lugar da honestidade, domina a impiedade.'

[17] Então, passei a refletir: 'Ao justo e ao perverso Deus os julgará, porque aqui na terra há uma época apropriada para todo o propósito e um lugar para cada ação!'

[18] Quanto à humanidade penso assim: 'Deus prova os homens para que percebam que são tão mortais quanto os animais!

[19] Porquanto a sorte do ser humano e a do animal é idêntica: como morre um, assim morre o outro, e ambos têm o mesmo espírito, o mesmo fôlego de vida; de fato, o ser humano não tem vantagem alguma sobre os animais. E, assim, tudo não passa de uma grande ilusão!

[20] Tudo e todos se dirigem para o mesmo fim: tudo vem do pó e tudo retorna ao pó.

[21] Quem pode afirmar que o alento, o espírito humano, sobe às alturas e que o fôlego do animal desce à terra?

[14]Ndiyazi ukuba yonke into eyenziwa nguThixo iya kuhlala ihleli; akukho nto inokongezwa kuyo, kungekho nto inokususwa kuyo. UThixo uyakwenza oku ukuze ahlonelwe ngabantu.

[15]Into ekhoyo ibiselikho kakade, nento eya kubakho ibikho ngaphambili. UThixo uyakubuyisela obekusele kudlule.

Inkohlakalo ehlabathini

[16]Ngaphezu koko ke ndifumanise ukuba apha phantsi kwelanga usuka ufumane inkohlakalo endaweni yokugweba ngokufanelekileyo, nditsho inkohlakalo endaweni yobulungisa.

[17]Ndagqiba kwelithi: "UThixo uza kugweba bonke, abalungileyo nabakhohlakeleyo, kuba umise ixesha layo yonke imicimbi nazo zonke izenzo."

[18]Ndagqiba ngelithi: "UThixo uyaluvavanya uluntu, efuna ukuba luqonde ukuba alwahluke kuya phi ezilwanyaneni.

[19]Kaloku isiphelo somntu siyafana nesesilwanyana. Ukufa kubabopha ngentambo enye ngokufanayo. Ewe, umoya mnye emntwini nasesilwanyaneni. Ke umntu akasidluli nganto isilwanyana. Yonke into ingamampunge.

[20]Umntu ndawonye nesilwanyana baya ndaweni-nye; njengoko bephuma emhlabeni, babuyela kwasemhlabeni.

[21]Ngubani owaziyo ukuba umoya womntu uyenyuka ubheke phezulu, ingubani

[22] Considerando tudo isso, cheguei à conclusão de que não existe nada melhor para o ser humano do que ser feliz no trabalho que realiza e desfrutar dos seus resultados; afinal essa é a sua recompensa. Porquanto, quem de nós tem o poder de saber o que vai acontecer depois da nossa morte?

Eclesiastes 4

Os males e as tribulações da vida

[1] Fiz nova análise e observei as opressões todas que se cometem debaixo do sol: Vi as lágrimas dos oprimidos, e notei que eles não têm quem os console; o poder está à disposição dos opressores em toda parte, e os oprimidos não encontram quem lhes dê apoio.

[2] Isso me levou a considerar os mortos mais felizes do que os vivos, pois estes ainda têm que atravessar a vida!

[3] Todavia, mais feliz que ambos é aquele que ainda não nasceu, que não viu e não teve contato com a malignidade que se pratica debaixo do sol.

[4] Observei também que todo trabalho e todo êxito ocorre porque há uma competição entre companheiros. Isso também é vazio e um despropósito tal como correr atrás do vento.

[5] O insensato cruza os braços e se deixa consumir a si mesmo.

[6] Muito mais vale conquistar um punhado com paz e tranquilidade do que dois punhados em desatino, correndo atrás do vento.

owaziyo ukuba umoya wesilwanyana uyehla ubheke emhlabeni?”

[22]Ke kaloku ndabona ukuba into emfaneleyo umntu kukwanela, axhamle imigudu yakhe, kuba kambe eso sisabelo sakhe. Kakade ngubani onokumbonisa oko kuza kwenzeka za sele engekho?

Amava Engqondi 4

Ngubani endibulalekela yena?

[1]Kwakhona ke ndathi ndakukhangela ndayibona ingcinezelo ekhoyo apha phantsi kwelanga. Awu, iinyembezi zabo bacinezelweyo; ibe ke kungekho namthuthuzeli! Ewe, akukho mntu ubathuthuzelayo, ibe ke bona abacinezeli baxhaswa ligunya.

[2]Ndafumanisa ukuba abo bangasekhoyo, abasele befile kakade, bakwimeko engcono kunabo baphilayo, abasahleliyo nangoku.

[3]Kambe ke oyena ukwimeko engcono ngulowo ungekabikho, engekayiboni le nkohlakalo yenziwayo apha phantsi kwelanga.

[4]Ndafumanisa ukuba into eyenza abantu babulaleke bazabalaze kangaka kukuxhalela abamelwane. Kambe ke naleyo ngamampunge, nqwa nokusukelana nomoya.

[5]Isiyatha sisonga izandla, sizitshabalalise ngokwaso.

[6]Phofu ke akunani kwaintwana engephi, oyifumana wonwabile, kunentabalala ezuzwa ngembulaleko kusukelwana nomoya.

[7] Descobri ainda outra situação louca debaixo do sol:

[8] 'Havia um homem solitário, que não tendo filho, irmão, nem qualquer parente, dedicava sua vida exclusivamente ao trabalho. No entanto, seus olhos não se satisfaziam com as riquezas que acumulava. E ele nem pensava em se questionar: 'Para quem estou trabalhando tanto, afinal? Por que não desfruto um pouco do que já tenho?' Ora, isso é uma insensatez, uma ilusão e um trabalho ingrato!

[9] Melhor é serem dois do que um, porque há melhor recompensa no trabalho de duas pessoas.

[10] Porquanto, se um cair, o outro levantará seu companheiro. Mas pobre do que estiver sozinho e cair, assim não haverá quem o ajude a se reerguer!

[11] Também, se dois dormirem juntos, ficarão ambos aquecidos; mas como um só poderá manter-se aquecido?

[12] Um homem sozinho pode ser mais facilmente derrotado, mas duas pessoas conseguem resistir. Um cordão de três dobras não se rebenta com facilidade!

[13] Mais vale um jovem pobre e sábio do que um rei ancião e insensato, que em sua arrogância já não aceita mais conselhos.

[14] Ainda que o jovem seja um ex-detento ou tenha nascido em uma família de mendigos poderá chegar ao trono e governar uma nação.

[7]Kwakhona ndawabona amampunge alapha phantsi kwelanga:

[8]Nanko umntu ohlala yedwa, kungekho owesibini: akananyana namntakwabo, kodwa uxhabashile, uyasebenza engaphezi; noxa kunjalo amehlo akhe akaneliswa bubutyebi bakhe. Ude athi: "Ngubani endibulalekela yena, ndide ndizivimbe ulonwabo kangaka?" Ewe, nale into ngamampunge; ngumzamo ophuthileyo!

Intsontelo ephindwe kathathu iqhawuka nzima

[9]Kungcono abasebenzi babe babini kunokuba abe mnye, kuba baba nengeniso eyiyo ngomsebenzi wabo.

[10]Kaloku xa omnye ethe wawa omnye unokuphakamisa ugxa wakhe. Mawoo ke lowo uyedwa xa athe wawa! Akukho bani unokumphakamisa.

[11]Ewe, xa ababini belala ngangubo-nye abagodoli. Kodwa ke kunzima ukufudumala xa ulele wedwa.

[12]Oyedwa uyagaganyelwa, kodwa ababini banako ukumelana nohlaselo. Intsontelo ephindwe kathathu iqhawuka nzima.

Izikhundla ngamampunge

[13]Endaweni yokumkani owalupheleyo osisityhakala esingeva nacebiso lilunge kanye igatyana lomfana olihlwempu xa enobulumko,

[14]nangona angade abe wazalelwa ebuhlwempini phantsi kwaloo kumkani. Ewe, usenokuphuma nasentolongweni abe ngukumkani alawule.

[15] Observei que, apesar das dificuldades, o povo que vivia debaixo do sol seguia aquele jovem, o sucessor do rei.

[16] A sua popularidade se tornou impressionante, e o número de seus apoiadores era incontável. A geração seguinte; contudo, não teve a mesma simpatia e satisfação por ele. Ora, isso também não faz o menor sentido; tudo é como um contínuo correr atrás do vento.

[15]Ndibone ukuba bonke abadla ubomi besihla benyuka apha phantsi kwelanga basuke bamlandela umfana lowo ungene esikhundleni sokumkani lowo walupheleyo.

[16]Ewe, baba baninzi kakhulu abantu abamlandelayo kangangokuba bangabi nakubalwa. Kambe ke sona isizukulwana esilandelayo asibi saba namdla kuye. Ngenene nale ke into ikwangamampunge nokusukelana nomoya.

Eclesiastes 5

Vários conselhos práticos

[1] Cuida dos teus passos e sê reverente quando adentrares o Santuário, a Casa de Deus. Aproximar-se para ouvir vale muito mais que os vários sacrifícios oferecidos pelos tolos, ainda que não percebam o mal que estão fazendo.

[2] Não permita que tua boca fale precipitadamente, nem que teu coração o impulsione a fazer promessas diante de Deus. Afinal, Deus está nos céus, e tu apenas vives sobre a terra; portanto, que tuas palavras sejam poucas e corretas.

[3] Das muitas ocupações surgem sonhos; do muito falar nasce a conversa inútil e perversa.

[4] Quanto fizeres algum voto ou promessa, cumpre-os sem demora, pois somente os tolos desagradam a Deus. Cumpre, pois a tua palavra!

[5] Portanto, é melhor não prometer do que fazer um voto e não cumprir a palavra empenhada.

[6] Não permitas, pois, que tua boca te conduza ao pecado. E não digas ao

Amava Engqondi 5

Isilumkiso ngezithembiso

[1]Lumka, ugqale ukunyathela kwakho xa usiya endlwini kaThixo. Xa usiya khona hamba ngeenjongo zokuphulaphula endaweni yokwenza amadini njengezityhakala ezingaziyo ukuba zenza ubugwenxa.

[2]Qiqa phambi kokuba uthethe; musa ukungxama ukwenza izithembiso kuThixo. Kaloku yena usezulwini, ube ke wena ulapha emhlabeni; ngoko ke amazwi akho makabe mbalwa.

[3]Ubuninzi bemicimbi bubanga amaphupha; ubuninzi bamazwi kuhamba nentetho yobutyhakala.

[4]Xa wenze isifungo kuThixo, khawuleza usifezekise. Kaloku yena akavani nezityhakala; ngoko ke siphumelelise isifungo sakho.

[5]Akunani kwaukungenzi sifungo kunokubhambathisa uze ungafezekisi.

[6]Umlomo wakho mawungakukhokeleli esonweni, uze ke ube ubongoza isigidimi,

sacerdote, ao mensageiro de Deus: “Cometi um engano! O que prometi em meu voto não foi bem o que eu queria dizer!” Ora, por que irritar a Deus com o que dizes e levá-lo a destruir tudo quanto construíste mediante teu trabalho?

usithi: “Ndiphazamile.” Ngani ukuba umkhathaze uThixo ngento oyithethileyo, ade atshabalalise umsebenzi wezandla zakho?

7 Muitos sonhos, e sonhos absurdos, acabam provocando conversas insensatas. Tu, porém, conserva o temor, o teu amor reverente, a Deus!

7Intlaninge yamaphupha namazwi amaninzi ngamampunge. Kuphela hlonela uThixo!

Ubutyebi ngamampunge

8 Se em uma província vês um pobre oprimido, e as leis e a justiça violadas, não fiques perplexo: quem está no alto tem sempre outro mais alto que o vigia, e sobre ambos há outros ainda mais altos.

8Sukumangaliswa xa ubona abantu abahlelelekileyo becinezelwa, bengazelelelwa kummandla othile, bengenzelwa ubulungisa nokufanelekileyo. Kaloku igosa ngalinye livelelwa lelinye, aze ke xa ewomabini avelelwe ngamanye angentla kuwo.

9 O proveito da terra a todos pertence, até mesmo o rei se serve da agricultura e por ela e seus trabalhadores deve zelar.

9Kambe ke ilizwe lilungelwa yinto yonke xa ukumkani enyamekela ukulinywa kwamasimi akhe.

10 Quem ama o dinheiro jamais terá o suficiente; quem ama as riquezas, nunca se sentirá em paz e feliz com seus rendimentos. Certamente, isso também é ilusão, vaidade.

10Umntu oyinyolukeleyo imali soze imanelise; kanti ke noxhinele ubutyebi akaze aneliswe yingeniso yakhe. Nale ke into ngamampunge.

11 Onde aumentam os bens, aumenta o número daqueles que os devoram; que vantagem trazem os bens ao seu proprietário, senão dar um pouco de alegria aos seus olhos?

11Yakukhula ingeniso bayanda nabaxhomekeke kuyo, ibe yintoni ke ezuzwa ngumniniyo? Kuphela uyitya ngamehlo!

12 Coma muito ou coma pouco, o sono do trabalhador é gostoso; mas o rico farto nem ao menos consegue adormecer em paz.

12Umntu ophangelayo ulala athi yoyi, noba utya kancinci, okanye ke uyahlutha. Ke bona ubunewu-newu besityebi busitsho siphuthelwe.

13 Há um mal terrível que observei debaixo do sol: riquezas que o dono avarento acumula para a sua própria desgraça!

13Apha phantsi kwelanga ndibone ububi obungcungcuthekisayo: umntu

[14] Basta um mau negócio, e tudo poderá se perder; se tiver um filho, este ficará de mãos vazias.

[15] O ser humano sai nu do ventre de sua mãe; assim como vem ao mundo, assim parte deste. De todo o trabalho em que se extenuou nada poderá levar consigo!

[16] Mas há ainda outro mal doloroso: concluir ao final da vida que simplesmente correu atrás do vento; do mesmo modo como veio; assim vai.

[17] Consome todos os seus dias perambulando nas trevas, sofrendo grandes desapontamentos, doenças e amarguras.

[18] E, na experiência da vida, descobre que o melhor e o que mais vale a pena é: comer, beber, e desfrutar o resultado de todo trabalho realizado debaixo do sol durante os poucos anos que Deus lhe concede, porquanto esta é a sua porção e recompensa.

[19] Todo homem a quem Deus concede riquezas e recursos que o tornam capaz de sustentar-se, de receber a sua porção e desfrutar das recompensas do seu trabalho, isso é presente de Deus.

[20] Esta pessoa não ficará refletindo sobre os dias que se passaram, pois Deus o mantém ocupado desfrutando as alegrias do seu coração!

Eclesiastes 6

É lícito gozar os bens que Deus deu, mas estes não podem satisfazer a alma

angaziqwebela ubutyebi, busuke benzakalise kwayena mnikazi wabo!

[14]Omnye ke ufumba ubutyebi, alahlekelwe bubo ngenxa yentlekele, ze ke unyana ozelwe nguye angabi nanto ezandleni.

[15]Mhla wavela umntu uzalwa ngunina ezé; mhla andulukayo uhamba kwangolo hlobo eze ngalo. Kuko konke ukubulaleka kwakhe umntu apha emhlabeni umka engaphathanga nto ngesandla sakhe.

[16]Ewe ngenene, ibuhlungu le meko! Umntu umka eyiloo nto ebefike eyiyo. Kumncede ntoni ke ukusebenzela ilize?

[17]Kananjalo imihla yobomi bakhe yonke uyidlela ebumnyameni, egutyungelwa ziinkathazo neenzingo nomsindo.

[18]Ke kaloku ndifumanise ukuba eyona nto ilungileyo nefanelekileyo ukuba umntu ayenze kukutya asele, akuxhamle enelisekile ukubulaleka kwakhe ngezi ntsukwana zimbalwa aziphiwe nguThixo apha phantsi kwelanga. Kaloku eso sisabelo sakhe.

[19]Ewe, umntu xa ephiwe ubutyebi nezinye izinto eziphathekayo, aze futhi uThixo amnike inyhweba yokuzixhamla ezo zinto, kufuneka akuxhamle enombulelo ukubulaleka kwakhe – kaloku eso sisipho esivela kuThixo.

[20]Ngenxa yolo lonwabo aluphiwe nguThixo, umntu utsho angabi sazikhathaza ngobungakanani bobomi bakhe.

Amava Engqondi 6

[1] Constatei ainda um outro mal debaixo do sol, que se abate sobre todo ser humano:

[2] Deus concede riquezas, bens e honra a um homem, e nada lhe falta de tudo o que poderia imaginar; contudo, o próprio Deus não lhe permite desfrutar de todos esses recursos; mas outra pessoa, vinda de outro lugar, é quem irá aproveitar dos seus haveres. Ora, isso não faz sentido, é pura ilusão e sofrimento cruel.

[3] Um homem pode ser pai de cem filhos e viver muitos anos. Contudo, se não aproveitar os bons momentos da vida, afirmo que uma criança que nasce morta nem mesmo recebe um enterro decente é mais feliz do que ele.

[4] A criança nasce em vão e parte para o mundo da escuridão, e as trevas cuidam de sepultar seu nome.

[5] Embora ela não tenha visto a luz do dia, nem tomado conhecimento de nada, ela, ao menos, encontrará mais paz e descanso do que o tal homem.

[6] E mesmo que alguém vivesse duas vezes mil anos, não conheceria plenamente a felicidade; afinal, não estamos todos seguindo para o mesmo fim?

[7] Todo o trabalho humano é realizado para satisfazer a sua boca; entretanto, o seu apetite jamais encontra satisfação.

[8] E que vantagem tem o sábio em relação ao insensato? Que vantagem tem o pobre em saber como enfrentar a vida?

[1]Nabu obunye ububi endibubonileyo apha phantsi kwelanga, yaye buthe zinzi phezu kwabantu:

[2]nditsho into yokuba umntu anikwe ubutyebi nguThixo, aze abe ngumfo omi kakuhle nohlonelwayo, ade angasweli nto ayinqwenelayo, kambe ke uThixo angamniki ithuba lokuzixhamla, ndaweni yaloo nto kuvele owasemzini azixhamle ezo zinto. Ewe, ngamampunge le nto; iyimeko ebuhlungu.

[3]Umntu noba anganekhulu labantwana, aphile imihla emininzi, phofu angabuxhamli ubumnandi bobomi, angènzelwa umngcwabo onguwo, mna ndithi akunani kwaumntwana ovele engasekho kunaye.

[4]Kaloku ukuzalwa akumphathelanga nto loo mntwana, usuke aduke ebumnyameni, negama lakhe ligutyungelwe bubumnyama.

[5]Nakuba lo mntwana engazange walibona ilanga, futhi engazange wazi nto, kodwa ke yena ukufumene ukuphumla kunaloo mntu.

[6]Ewe, umdlula kude lee umntu ongaxhamlanga luyolo ebomini, noba angade aphile iwaka eliphindwe kabini leminyaka. Andithi na kaloku bonke baya ndaweni-nye?

[7]Kuyo yonke imizabalazo yakhe umntu usebenzela emlonyeni, kodwa akaze anele.

[8]Umntu osisilumko usigqitha ngani isityhakala? Kulinceda ntoni ihlwempu ukuyazi indlela yokuziphatha phakathi kwabantu?

[9] Mais vale contentar-se com o que os olhos veem do que sonhar com desejos irrealizáveis. Afinal, não é isso também total insensatez, como correr atrás do vento?
[10] Ora, tudo o que existe já recebeu um nome, e já é do conhecimento de todos o que o ser humano é; não se pode brigar com alguém mais forte!
[11] Quanto mais se abre a boca, mais tolices e frustrações experimentamos; o muito falar é inútil.
[12] Sendo assim, quem sabe o que é bom e proveitoso para o ser humano nesta existência, nos poucos dias de sua vida de ilusão, que passa como uma sombra? Quem poderá lhe contar o que acontecerá debaixo do sol depois que ele se for com a morte.

Eclesiastes 7

As vantagens do sofrimento, da paciência e da moderação

[1] Mais vale o bom nome do que o melhor dos perfumes, e o dia da morte é mais proveitoso que o dia do nascimento.
[2] Mais vale ir a uma casa em luto do que ir a uma casa em festa, porquanto este é o fim de todo ser humano; e desde modo, os vivos terão uma grande oportunidade para refletir.
[3] Mais vale um momento de tristeza do que dias de riso, porque é o rosto circunspecto que produzirá um coração compreensivo.
[4] Portanto, o coração dos sábios está na casa onde há luto, mas o coração dos insensatos, nos banquetes e em lugares de muito riso.

[5] Mais vale escutar a repreensão de um sábio do que as adulações dos tolos;

[9]Masanele zezo zinto sinazo endaweni yokuzikhathaza ngokunqwenela le naleya. Hayi bo, ngamampunge lawo, nqwa nokusukelana nomoya!
[10]Yonke into ekhoyo sekukudala ithiywe igama layo, nento ayiyo umntu selisaziwa kakade; umntu akanako ukumelana nalowo womeleleyo kunaye.
[11]Okukhona intetho iba nde kokukhona iye ilambatha intsingiselo yayo, ize ke incede bani loo nto?
[12]Umntu angayazi njani eyona nto imfaneleyo umntu kobu bomi bufutshane buphuthe kangaka? Ewe, obu bomi buthi phinzi njengesithunzi. Ngubani onokumxelela into eya kwenzeka apha phantsi kwelanga akuba engasekho yena?

Amava Engqondi 7

Amagqabantshintshi ngobulumko

[1]Igama elihle lilungile ngaphezu kwamafutha aqholiweyo. Umhla wokufa ulungile kunomhla wokuzalwa.

[2]Kungcono uye emzini onesililo kunokuya emzini onetheko, kuba kaloku ukufa sisiphelo sabantu bonke. Ngoko ke abantu ngebeyithathela ingqalelo le nto.

[3]Kubhetele kwaiinzingo kunokuhleka, kuba ubuso obuthe rhubaxa buyayomeleza intliziyo.

[4]Intliziyo yesilumko isendlwini yesijwili, ke intliziyo yesiyatha isendlwini yeziyolo.

[5]Kulungile ukuva ukukhalinyelwa sisilumko kunokuphulaphula ukombelelwa sisityhakala.

[6] pois tal como o estalo de espinhos ao fogo debaixo da panela, assim é o riso dos insensatos. E isso também é vaidade, e não faz sentido.

[6]Ukuhleka kwesityhakala kufana nqwa nokunqanqaza komlilo wameva phantsi kwembiza. Nale ke into ngamampunge!

[7] A opressão tem o poder de enlouquecer até o sábio, e um suborno pode apodrecer o coração.

[7]Isilumko esiphantsi kwezoyikiso silahlekelwa ziingqondo; umntu onyotywayo wonakala ingqiqo.

[8] A conclusão dos assuntos é melhor que o seu início, e a paciência vale sempre mais do que a arrogância.

[8]Isiphelo somcimbi sibhetele kunesiqalo sawo. Umonde ungcono kunekratshi.

[9] Não permitas que a irritação tome conta do teu espírito rapidamente, pois a ira habita no coração dos insensatos!

[9]Musa ukukhawuleza ucaphuke ngaphakathi kwakho; kaloku umsindo yinto yezityhakala.

[10] Não murmures: "Por que os dias do passado foram tão melhores do que os dias de hoje?" Porquanto não é inteligente levantar esse tipo de questionamento.

[10]Musa ukuthi: "Bekungani ukuba imihla yamandulo ibe ngcono kunale yangoku?" Kaloku ayibubo ubulumko ukubuza umbuzo onjalo.

[11] A sabedoria é algo tão bom quanto uma valiosa herança, e é uma bênção para todos quantos vivem debaixo do sol.

[11]Ubulumko nqwa nelifa ngokulunga; bululutho kubo bonke abaphilayo;

[12] Pois o abrigo da sabedoria é como o das muitas riquezas, todavia a vantagem do saber é esta: A sabedoria tem o poder de preservar a vida de quem a possui.

[12]umntu bumenza akhuseleke njengokuba nemali isenjenjalo. Ewe, naku ukubalasela kolwazi: ubulumko buyabukhusela ubomi balowo unabo.

[13] Observa toda a obra de Deus: Quem poderá endireitar o que ele curvou?

[13]Khawucamngce ngemisebenzi kaThixo: Ngubani ongayolulayo into ayenze goso?

[14] Em tempo de paz e alegria, sê feliz e aproveita-os bem; quando os maus dias chegarem reflete: Deus fez tanto um quanto o outro, a fim de que o ser humano não tenha o poder de desvendar o seu futuro.

[14]Ngamathuba obumnandi yonwaba; ngemihla yobubi qonda kakuhle ukuba kwale njengaleya yenziwe nguThixo. Ngoko ke akukho mntu uyaziyo into eza kwenzeka kamva.

[15] Nesta vida vazia e sem sentido eu já vi de tudo: um justo que morreu jovem por causa da verdade, e um ímpio que desfrutou de vida longa apesar da sua malignidade!

[15]Kobu bomi bam bungamampunge ndizibonile zonke ezi zinto: Ndibone umntu olungileyo efela ebulungiseni bakhe, ngokunjalo ndabona nomntu okhohlakeleyo ephila ubomi obude benkohlakalo.

[16] Não sejas absolutamente justo e nem exageradamente sábio; afinal, por que deverias destruir a ti mesmo e morrer tão cedo?

[16]Ngani ukuba uzenzakalise ngokusuka uzenze uchwenene welungisa, okanye ingcaphephe yesilumko?

[17] Entretanto, não sejas mau demais, nem insensato demais; por que apressarias o dia da tua morte?

[17]Ngani ukuba ufe phambi kwexesha lakho ngokusuka ubalasele ngenkohlakalo, okanye ugqwese ngobutyhakala?

[18] É bom e saudável que agarres um conceito sem soltar o outro, pois aquele que ama a Deus saberá encontrar o melhor de ambos!

[18]Bambelela kwezi zinto zombini, kungabikho oyiyekelelayo. Umntu omoyikayo uThixo uya kuwaphepha omabini la macala.

[19] A prática da sabedoria torna o sábio mais poderoso que uma fortaleza guardada por dez valentes.

[19]Ubulumko bumenza onabo abe namandla ngaphezu kwabalawuli besixeko abalishumi.

[20] Contudo, não existe um homem tão justo sobre a face da terra que saiba fazer o bem sem jamais pecar!

[20]Emhlabeni akukho mntu ulilungisa owenza okuhle kuphela angoni.

[21] Não dês muita atenção a todas as palavras que dizem sobre ti, assim não te decepcionarás ouvindo teu próprio servo te amaldiçoar,

[21]Musa ukuphulaphula yonke into ethethwa ngabantu, hleze ude uve isicaka sakho sikunyemba.

[22] porquanto em teu coração sabes que também tu já falaste mal de teus companheiros muitas vezes.

[22]Kaloku nawe ngokwakho uyazi ukuba kukaninzi ubanyelisa abanye abantu.

[23] Todos esses conceitos analisei criteriosamente mediante a sabedoria e pensei: 'Estou decidido a tornar-me sábio'; mas logo notei que a sabedoria está fora do meu alcance.

[23]Ngobulumko bam ndayivavanya yonke le nto, ndaza ndathi: "Ndizimisele ukuba sisilumko," kodwa ke andafikelela kubo.

[24] A realidade e a verdade estão muito distantes, incompreensíveis e profundas; que ser humano terá a capacidade de descobri-las?

[24]Oko kukude kakhulu – ndithi oko kunzulu gqitha – ngubani ongaze akubhaqe?

[25] Por este motivo, em meu coração, dediquei-me a conhecer, a raciocinar e a pesquisar o saber e a razão de ser de tudo o que há; para compreender a própria

[25]Ndazinikezela ke ukuba ndiphande ndifune ulwazi, ukuze ndibuzuze ubulumko bokubhaqa isizekabani sezinto, ndibuqonde

insensatez da malignidade e a loucura da impiedade.

[26] E descobri que a mulher que age como armadilha, cujo coração é uma total cilada e as mãos correntes ardilosas, é mais amarga que a morte. O homem que deseja agradar a Deus fugirá dela, mas o que tem prazer no pecado, este lhe será presa fácil.

[27] Então declara Cohéllet, o mestre: 'Eis o que descubro ao examinar tema por tema a fim de chegar a uma correta conclusão:

[28] Sim, durante essa minha busca, ainda inconclusa, entre mil homens encontrei apenas um que considero justo; todavia, entre as mulheres não achei uma sequer.'

[29] Sendo assim, eis a única conclusão a que cheguei: 'Deus criou o ser humano justo, mas este se deixou envolver por muitas astúcias e ilusões!'

Eclesiastes 8

A obediência devida ao rei

[1] Quem é como o sábio? Quem sabe interpretar os acontecimentos? A sabedoria de uma pessoa muda o seu semblante carrancudo, faz sua face brilhar e pode alcançar o favor do rei.

[2] Este é meu conselho: obedece às ordens do rei; pois fizeste este juramento de lealdade na presença de Deus.

[3] Não te apresses em deixar a companhia do rei, nem te coloques em má situação apoiando uma causa errada, considerando que o rei faz o que bem lhe aprouver.

nobutyhakala benkohlakalo nokuphutha kobudenge.

[26]Ndifumanise ukuba eyona nto ikrakra nangaphezu kokufa ngumfazi oliqili, ontliziyo inezabatha, ongalo zifana namakhamandela. Ke yona indoda ekholisa uThixo iyasinda kuye, kodwa ke yona engumoni uyayibambisa.

[27]“Khangel' apha,” itsho iNgqondi, “nantsi into endiyibhaqileyo: Ndakudibanisa enye nenye ukuze ndicacelwe zizinto –

[28]lo gama umoya wam wawusaphengulula ndingekafumani nto – ndibhaqe indoda yanye kwiwaka ethe ngqo, kodwa yena umfazi onjalo andimfumananga phakathi kwabo bonke.

[29]Kuphela kwendikufumeneyo kukuba uThixo uluntu waludala luthe ngqo, kodwa ke abantu basuke bayila ubuqili phezu kobuqili.”

Amava Engqondi 8

[1]Yaz'ba ngubani eso silumko singaziqondayo ezi zinto? Ngubani ongayichazayo intsingiselo yezi zinto? Kaloku ubulumko buyabuswabulula ubuso bomntu, atsho ayeke ukumatsheka.

Makathotyelwe ukumkani

[2]Mna ndithi mthobele ukumkani; kaloku wènze isifungo phambi koThixo.

[3]Musa ukungxama ukumka kukumkani. Futhi ke sukumela ububi, kuba kaloku yena angenza nantoni na athanda ukuyenza.

[4] Afinal, os desejos e a palavra do rei são soberanos, e ninguém tem o direito de questionar: 'Que estás fazendo, ó rei?'

[4]Ekubeni ilizwi lokumkani litshatshele akukho bani unokuthi kuye: "Yintoni le uyenzayo?"

[5] Assim, quem sabe obedecer suas ordens não sofrerá punição alguma, porquanto o coração sábio compreenderá a melhor hora e a maneira certa de agir.

[5]Lowo ugcina umthetho akayi kuhlelwa bububi; onobulumko uyakwazi amakakwenze ngexesha elifanelekileyo.

[6] Pois há uma hora certa e também uma atitude adequada para responder a cada situação da vida. Entretanto, o sofrimento sobre o ser humano o faz precipitar-se.

[6]Kaloku yonke into inexesha layo nendlela emayenziwe ngayo; kambe buninzi ububi obunokumhlela umntu –

[7] Considerando que ninguém conhece o futuro, quem poderá dizer o que vai acontecer?

[7]akazi ukuba kuya kwenzeka ntoni. Kakade ngubani onokuxela okuya kubakho?

[8] Ninguém controla o vento, como não domina o próprio espírito, tampouco tem poder sobre o dia da sua morte e de evitar lutas e guerras; nem mesmo a malignidade ou a riqueza deixam impunes os seus adeptos.

[8]Umntu akanalo igunya phezu komoya ukuba awuthintele; akukho bani uyilawulayo imini yokufa kwakhe. Njengokuba kungekho ukuphuncula emfazweni, kananjalo inkohlakalo ayibayeki abo bayenzayo.

Inkohlakalo nobulungisa

[9] Tudo isso observei quando me dediquei a refletir sobre toda a atividade humana que se realiza debaixo do sol. Há épocas em que um homem se levanta para tiranizar seus semelhantes para a infelicidade de todos, inclusive a sua própria.

[9]Yonke le nto ndiyibone xa bendiphicotha izinto ezenziwa apha phantsi kwelanga – nditsho into yokuba umntu abe negunya phezu komnye, kube buhlungu kuye.

[10] Vi também pessoas perversas serem sepultadas em grande honra. Na volta do lugar santo, percebi que eram elogiadas, e isso na mesma cidade onde haviam praticado o mal. Ora, isso também não faz sentido, é um absurdo!

[10]Ewe, ndibabonile abantu abakhohlakeleyo bengcwatywa, bathi shwaka, kanti ke nâbo bangena bephuma endlwini kaThixo besenza ubulungisa, kwanabo bayalityalwa esixekweni. Ewe, kwanaloo nto ngamampunge!

O pecador não é logo castigado. O justo vê-se muitas vezes em adversidade

[11] Quando os crimes não recebem rapidamente os devidos julgamentos e punições, os corações dos demais filhos dos

[11]Xa isohlwayo setyala singàphunyezwa msinya abantu baqhubela phambili ukwenza ububi.

homens se enchem de disposição para fazer o mal.

12 Uma pessoa pecadora e iníqua pode ter vida longa, ainda que cometa uma centena de crimes; mas aprendi, com certeza, que tudo vai melhor para os que temem a Deus, para todos aqueles que amam reverentemente a ele.

13 Entretanto, para os malvados e insensatos, nada irá bem, porquanto não respeitam a Deus; os seus dias serão poucos e passarão como uma sombra.

14 Mas há mais um absurdo sobre a face da terra: justos que são castigados como se fossem ímpios, e perversos que são tratados com a dignidade devida aos homens de bem.

15 Portanto aconselho que se desfrute o melhor que a vida pode proporcionar, porquanto debaixo do sol não existe nada mais feliz para o ser humano do que simplesmente: comer, beber e alegrar-se. Essa é a felicidade que nos ajudará a superar os difíceis dias de trabalho durante todo o tempo de vida que Deus nos conceder debaixo do sol!

16 Quando apliquei minha mente a fim de conhecer a sabedoria e a observar todo o trabalho humano que se realiza sobre a face da terra; especialmente daqueles que não se permitem descansar nem de dia nem de noite,

17 cheguei à seguinte conclusão sobre tudo quanto Deus tem realizado na terra: ninguém é capaz de compreender o que se faz debaixo do sol. Por mais que se esforce

12Nakuba isikhohlakali singona nakalikhulu, siphile ixesha elide, noko ndiyazi ukuba izinto ziya kuhamba kakuhle kwabo bamoyikayo uThixo, abo bamhlonelayo.

13Phofu ke, ngenxa yokuba izikhohlakali zingamoyiki uThixo, izinto aziyi kuzilungela, nemihla yazo ingòlulwa oku kwesithunzi.

14Ewe, ikho into engamampunge eyenzekayo kweli hlabathi: maxa wambi amalungisa azuza isohlwayo sezikhohlakali, zize zona izikhohlakali zifumane indwe yamalungisa! Ndithi kwanaloo nto ngamampunge!

15Ngoko ke mna ndithi masonwabe, kuba ayikho enye into emfaneleyo umntu apha phantsi kwelanga ngaphandle kokuba atye asele azonwabele. Loo nto ke únokuyenza phakathi kwemizabalazo yakhe kobu bomi abuphiwe nguThixo kulo mhlaba.

16Xa ndandizikisa ukucinga, ndifuna ukubazi ubulumko, ndiqwalasela ukubulaleka komntu kulo mhlaba – nditsho le nto yokuba amehlo akhe angabonani nokulala imini nobusuku –

17ndide ndakubona konke akwenzayo uThixo. Akukho bani onako ukukuqonda okwenzekayo apha phantsi kwelanga; noba selesenza yonke imigudu yokuphengulula

para desvendar o sentido dos acontecimentos, não foi dado ao ser humano o poder de entender todas as ações de Deus. O sábio pode até asseverar que compreende; entretanto, na realidade jamais conseguirá explicá-las.

akangeze akufumane. Nezilumko noba zingade zithi ziyaqonda, azazi nto tu!

Eclesiastes 9

As mesmas coisas sucedem aos justos e injustos. Gozemos os bens que Deus nos dá

1 Sim! Refleti sobre todos esses temas e cheguei à conclusão de que os justos e os sábios, e as obras de suas mãos, estão sob o controle total de Deus. O que os aguarda, seja amor ou ódio, ninguém pode saber.

2 Assim, todos caminham rumo a um mesmo destino, tanto o justo quanto o ímpio, o bom e o mau, o puro e o impuro, o que consagra sacrifícios e louvores e o que não os oferece. O que acontece com o homem bom, ocorre também ao pecador; e o que faz juramentos passa pelas mesmas circunstâncias que aquele que evita jurar.

3 Este é o mal que paira sobre tudo o que se realiza debaixo do sol: todos nós estamos expostos ao mesmo destino. Além de tudo, o coração do ser humano está repleto de malignidade e de insensatez, mal que o acompanha durante toda a vida. Finalmente todo homem se juntará aos mortos.

4 Contudo, sempre haverá esperança para quem está vivo; afinal, até um cachorro vivo é melhor do que um leão morto!

5 Porquanto os que estão entre os vivos sabem que morrerão, mas os mortos não sabem mais nada; não haverá recompensa

Amava Engqondi 9

Oko ukwenzayo kwenze ngamandla

1Ke kaloku ndithe ndisakuwuphononongа lo mbandela ndafumanisa ukuba izenzo zamalungisa kunye nezezilumko zisesandleni sikaThixo, phofu kungekho namntu waziyo nokuba ulindelwe luthando okanye ukuthiywa na.

2Abantu bonke isiphelo sabo sinye: amalungisa nezikhohlakali, abalungileyo [nabagwenxa], abahlambulukileyo nabanomlaza, abawenzayo amadini nâbo bangawenziyo. Umntu olungileyo ufaniswa nomoni, nalowo wenza isifungo afaniswe nowoyikayo ukwenza isifungo.

3Ezintweni zonke ezenzeka apha phantsi kwelanga eyona imbi yile yokuba kubo bonke isiphelo sabo sinye. Iintliziyo zoonyana babantu zizele bububi; bubugeza ezintliziyweni zabo lo gama besadla ubomi – ze kuthi kamva baye kwelabafileyo.

4Lowo usaphilayo usenethemba; kaloku nenja esaphilayo ibhetele kunengonyama efileyo.

5Kaloku bona abaphilayo bayazi ukuba baseza kufa, kambe ke bona abafileyo abazi nto. Abasajonganga mvuzo, futhi ke sebelityelwe.

para eles nem mesmo lembranças restarão acerca de suas pessoas.

[6] Assim, o amor, o ódio e a inveja há muito os deixaram; nunca mais terão parte em nada do que se passa debaixo do sol.

[7] Portanto, vai e come com alegria o teu pão e bebe o teu vinho com o coração contente, pois Deus já se agradou do que fazes.

[8] Estejas sempre vestido com roupas brancas, com trajes de festa, e nunca deixes de ungir a tua cabeça com o óleo santo.

[9] Desfruta a vida com a mulher amada em todos os dias desta vida paradoxal que Deus te concede debaixo do sol; uma vida ilusória e sem sentido! Pois essa é a tua recompensa na vida pelo teu árduo trabalho debaixo do sol.

[10] Sendo assim, tudo quanto vier à mão para realizar, faze-o com o melhor das tuas forças, porquanto para o Sheol, a sepultura, para onde vais, não há atividade, trabalho, reflexão, planos, conhecimento, saber, nem nada.

A sabedoria é muitas vezes mais útil aos outros do que àquele que a possui

[11] Observei ainda e notei que debaixo do sol os velozes nem sempre vencem a corrida; os mais fortes nem sempre triunfam nas batalhas; os sábios nem sempre têm com o que se alimentar; nem a fortuna acompanha sempre os prudentes; nem os bem instruídos e inteligentes têm garantia de prestígio e honra; pois o tempo e o acaso afetam a todos indistintamente.

[6]Uthando ndawonye nentiyo yabo, kunye neminqweno, kukonke nje kwafa kunye nabo. Abasoze babuye babe nenxaxheba kwizinto ezenzekayo apha phantsi kwelanga.

[7]Hayi ke, yitya isonka sakho wonwabile, usele iwayini yakho uchwayitile entliziyweni, kuba ngoku lithuba elikholekileyo kuThixo lokuba wenze oko.

[8]Maxa onke vatha ezimhlophe, nezithambiso zentloko ungaziyeki.

[9]Hlala ngokonwaba nomfazi wakho omthandayo ngemihla yobomi bakho obungamampunge obunikwe nguThixo kulo mhlaba – nditsho zonke ezo ntsuku zingamampunge – kuba eso kuphela kwesabelo oya kusizuza ngokubulaleka kwakho apha phantsi kwelanga.

[10]Nawuphi na umsebenzi owubambileyo ngezandla zakho wenze ngamandla akho onke; kuba kaloku akwenziwa nto, akucingwa, kungekho lwazi nabulumko engcwabeni, apho wena uya khona.

[11]Nantsi enye into endiyibonileyo apha phantsi kwelanga: ezona mbaleki zisenokungaphumeleli elugqatsweni, futhi namagorha avunyiweyo asenokoyiswa edabini. Ewe, izilumko zisenako ukuswela ukutya, kanti ke neengqondi zisenokuphulukana nobutyebi, kwanjengokuba neengcaphephe zisenokuphosana nezikhundla eziphezulu.

[12] Afinal, o ser humano não conhece a sua hora. Como os peixes são apanhados de surpresa na rede mortal e os passarinhos são pegos nas armadilhas escondidas, assim também os homens são tomados pelas épocas difíceis que lhes sobrevêm de repente.

[13] Também vi debaixo do sol esta demonstração de sabedoria que me deixou perplexo:
[14] Havia uma cidade pequena com poucos habitantes. Um grande rei veio contra ela, cercou-a e levantou contra ela enormes rampas militares de ataque.

[15] Contudo, nesta pequena cidade, havia um sábio pobre que livrou seu povo por meio do seu admirável saber; apesar disso, ninguém mais se lembrou daquele homem pobre.

[16] Então passei a refletir: 'Melhor é a sabedoria do que o poder; contudo, a sabedoria do pobre é desprezada e as suas palavras logo caem no esquecimento geral.'
[17] As palavras proferidas por aqueles que detêm o conhecimento e o saber devem ser ouvidas com mais calma e atenção do que os discursos inflamados dos que dominam sobre os tolos e insensatos.

[18] A sabedoria é melhor e mais poderosa do que qualquer arma de guerra; entretanto, um só pecador promove enorme destruição.

Eclesiastes 10

A loucura é a causa de muitas desgraças

Kaloku wonke umntu uba namaxesha namathuba akhe.

[12]Ke yena umntu akazi ukuba ithuba lakhe linini na. Njengentlanzi ebanjiswe ngomnatha ongenalusini, okanye intaka ebhajiswe ngumgibe, nathi bantu sisuka sixinwe yimin' embi esigubungela singayilindelanga.

Ubulumko nobutyhakala

[13]Apha phantsi kwelanga ndibone omnye umzekelo wobulumko ondenze umdla.

[14]Kwakukho idolophu ebantu bambalwa. Yahlaselwa yingangamsha yokumkani. Wayingqinga, wayakhela izikanisi ezayame iindonga eziyikhuselayo.
[15]Kwalapho kuloo dolophu kwakukho umfo olihlwempu, phofu esisilumko, owathi ngobulumko bakhe wayihlangula loo dolophu. Kambe ke akukho mntu wamkhumbulayo loo mfo ulihlwempu.
[16]Ndaza ndathi ke mna: "Ubulumko bubhetele kunamandla." Kambe ke ubulumko behlwempu budeliwe, namazwi alo akakhathalelwe.

[17]Kungcono ukuphulaphula amazwi esilumko esithetha sizolile kunokuzikhathaza ngokukhwaza komlawuli wezityhakala.

[18]Ubulumko bubaluleke ngaphezu kwezixhobo zemfazwe, kambe ke nomoni omnye nje angonakalisa lukhulu kwizinto ebezilungile.

Amava Engqondi 10

[1] As moscas mortas fazem com que o óleo do perfumista se corrompa e produza mau cheiro. Da mesma forma, um pouco de tolice pode fazer o conhecimento perder todo o seu valor.

[2] O coração do sábio se inclina para o bem e o direito, mas o coração do insensato, para o mal e o injusto.

[3] Mesmo quando tenta andar pelo bom caminho, o néscio demonstra que não tem o mínimo de sabedoria.

[4] Se o espírito, a ira, de uma autoridade se levantar contra ti, não abandones o teu posto, porquanto a calma evita grandes erros.

[5] Há, todavia, outro mal que observei debaixo do sol, um erro cometido pelos que têm o poder de governar:

[6] tolos são guindados a cargos importantes, enquanto ricos e cultos são assentados em lugares inferiores.

[7] Tenho visto servos cavalgando, e príncipes andando a pé, como se fossem servos.

[8] Quem cava uma cilada, cairá nela; e quem derrubar um muro, uma cobra o morderá.

[9] Quem remove pedras acabará sendo machucado por uma delas, e o que racha lenha corre grande perigo.

[10] Se o machado perder o corte e não for afiado, será preciso golpear com muito mais força; ter uma atitude sábia assegura o sucesso!

[11] Não adianta saberes encantar cobras se permitires que uma delas te morda.

[1]Iimpukane ezifileyo zingasonakalisa isiqholo sitsho sibile sinuke, ngokunjalo nentwana nje yobutyhakala ingabutshabhisa ubulumko ndawonye nesidima.

[2]Intliziyo yesilumko isitsho sibe namandla; kanti ke eyesityhakala isitsho sibe buthathaka.

[3]Noba isityhakala sesihamba ngendlela, sibonakala kubo bonke ukuba simuncu. Umntu onjalo uzicacisa nakubani na ukuba usisiyatha.

[4]Xa ekhathazekile umlawuli wakho musa ukurhoxa esikhundleni sakho – kaloku kukuzola into ewulungisayo umonakalo.

[5]Apha phantsi kwelanga kukho ububi endibubonileyo, impazamo eyenziwa ngophetheyo.

[6]Izikhundla ezininzi eziphezulu zinikwa izityhakala, zize ke zona izityebi zinikwe ezisezantsi.

[7]Ndiwabonile amakhoboka ekhwele amahashe, kodwa zona izikhulu zibhadaza ngeenyawo ngathi ngamakhoboka.

[8]Umntu owomba umngxuma usenokweyela kuwo; otyhoboza eludongeni usenokulunywa yinyoka.

[9]Umntu owomba amatye usenokwenzakaliswa ngawo, nocanda iinkuni usenokuba sengozini.

[10]Xa izembe libuthuntu, lingalolwanga, kufuneka ubethe ngamandla ngalo. Kodwa ke bubuchule into enika impumelelo.

[11]Inyoka kufuneka ilalaniswe ngaphambi kokuba imlume umntu, kuba xa

seyimlumile akusancedi lutho kumlalanisi wayo.

[12] As palavras da boca do sábio são agradáveis, mas os lábios do insensato o devoram.

[12]Anendili amazwi aphuma emlonyeni wesilumko, ukanti ke sona isityhakala sizitshabalalisa ngemilebe yaso.

[13] No início, as palavras da sua boca são tolice e no final são loucura maligna.

[13]Siqala ngokulavuza, size sigqibele sesiwanqa impambano.

[14] O insensato multiplica as palavras, no entanto, ninguém imagina o que está por vir; quem poderá prevenir a outros sobre o que ainda virá mais tarde?

[14]Ewe, isityhakala sithetha singayeki. Akukho mntu uyaziyo into eza kwehla, kungekho namntu unokuyixela into eya kwenzeka kamva.

[15] O trabalho do tolo o deixa tão fatigado que ele nem consegue achar o caminho de casa.

[15]Umntu ongenangqondo uzidinisa ngomsebenzi, aze ke akhohlwe nayindlela egodukayo isiya esixekweni.

[16] Ó terra, ai de ti quando o teu governante é inexperiente e quando os teus príncipes banqueteiam logo pela manhã!

[16]Mawoo kwilizwe elikumkani ebesakuba likhoboka, elimatshawe enza amatheko kusekusasa.

[17] Ó terra, feliz de ti se o teu rei é filho de nobres e se os teus líderes comem com equilíbrio, e no devido tempo a fim de recuperar as forças, e não para embriagar-se.

[17]Kambe ke linoyolo ilizwe elikumkani uzalwa zizikhulu, elimatshawe atya ngexesha elililo, efuna amandla, ingekuko ukunxila.

[18] Por causa da preguiça o telhado se enverga; por causa da falta de disposição de restaurar, a casa tem goteiras.

[18]Ngobuvila iyawa imiqadi; kozandla ziqhokriweyo indlu iyanetha.

[19] O banquete traz diversão, e o vinho alegra a vivência, mas é com dinheiro que se consegue tudo isso.

[19]Isidlo simenza onwabe umntu, ke yona iwayini iyabudlamkisa ubomi; kambe ke kuyo yonke into yimali ethethayo.

[20] Não amaldiçoeis o rei nem mesmo em pensamento. Tampouco em seu aposento insultes o rico! Porquanto uma ave do céu poderá levar as suas palavras pelo ar, e seres alados poderão se encarregar de divulgar aos quatro ventos tudo o que disseste!

[20]Ungaze umnyembe ukumkani, nditsho nangeengcinga; nesityebi sukusinyelisa, noba sewusesililini sakho, hleze kubekho ntakazana iphuma namazwi akho, into enamaphiko iyixele loo ntetho.

Eclesiastes 11

Façamos o que é bom no tempo oportuno

Amava Engqondi 11

Amacebo empumelelo

[1] Distribua com generosidade o teu pão como se o atirasse sobre águas e depois de algum tempo o receberás de volta.

[1]Kusebenzise oko unako; ngokuhamba kwexesha uya kufumana inzuzo.

[2] Reparte com sete e mesmo com oito o que tens, pois não sabes que desgraça pode vir sobre a terra.

[2]Indyebo yakho yigcinise kwiindawo ezisixhenxe – ewe, noba zide zasibhozo – kuba kaloku akuyazi intlekele enokulihlela ihlabathi.

[3] Quando as nuvens estão pesadas de água derramam chuva sobre a terra. Quer uma árvore debruce para o sul ou tombe para o norte, onde cair ali permanecerá.

[3]Amafu xa anemvula ayithulula emhlabeni; noba umthi uwela ngasezantsi okanye ngasentla, kodwa uhlala uthi ncwaba kuloo ndawo uwe kuyo.

[4] Quem fica apenas olhando o vento jamais plantará e quem para observando a passagem das nuvens nada colherá.

[4]Ukuba ujonge imo ethile yezulu soze ulime; kanti ke ukuba uqwalasela amafu soze uvune.

[5] Assim como não conheces o caminho do vento, tampouco como o espírito entra no corpo que se forma no ventre de uma mulher, do mesmo modo não podes compreender as obras de Deus, o Criador de tudo o que há!

[5]Njengoko ungayazi indlela yomoya, ungamazi nokuba wenziwa njani na umntu esizalweni sonina, kananjalo soze ukuqonde nokusebenza kukaThixo onguMdali weento zonke.

[6] Logo ao alvorecer semeia a tua semente e à tarde não repouses a mão, pois não sabes qual das tuas obras vai prosperar, se esta ou aquela, ou ambas serão boas.

[6]Imbewu yihlwayele kusasa, nangokuhlwa ungasiphumzi isandla sakho. Kaloku akuyazi eya kuphumelela: isenokuba yile okanye leya, ukanti zisenokuphumelela zombini.

[7] Como é agradável ver a luz e estimulante sentir o sol do raiar do dia.

[7]Kuyanambitheka ukukhanya; kulungile emehlweni ukulibona ilanga.

[8] Portanto, se um ser humano chegar a viver muitos anos, alegre-se em todos eles. Porém lembre-se dos dias difíceis e escuros, porquanto não faltarão em quantidade. Afinal, tudo o que está para vir é absurdo, não faz sentido.

[8]Yixhamle ngokobungakanani bayo iminyaka yokudla kwakho ubomi, ukhumbule ukuba imihla yobumnyama xa ungasekhoyo iya kuba mininzi. Ewe, yonke into ezayo ingamampunge.

Icebiso kulutsha

[9] Jovem, alegra-te na tua mocidade! Sê feliz o teu coração nos dias da tua juventude. Segue os caminhos que o teu coração indicar

[9]Wena mntu osemtsha, yonwaba ngethuba lobutsha bakho, intliziyo yakho ichwayite lo gama uselula. Yenze loo nto isentliziyweni

e todos os desejos dos teus olhos; saibas, contudo, que tudo quanto fizeres passará pelo julgamento de Deus.

yakho, nditsho leyo ibonwa ngamehlo akho, kambe ke ukhumbule ukuba uza kuziphendulela enkundleni kaThixo ngayo yonke into oyenzileyo.

[10] Sendo assim, afasta do teu coração o desgosto e a ansiedade, e pare de fazer teu corpo sofrer, pois a juventude e o vigor da mocidade passam muito rápido.

[10]Ngoko ke ligxothe ixhala entliziyweni yakho, ukuphephe okunokwenzakalisa umzimba wakho. Kaloku ubutsha namandla awo ngamampunge.

Eclesiastes 12

A mocidade deve preparar-se para a velhice e para a morte

[1] Lembra-te do teu Criador nos dias da tua mocidade, antes que cheguem os dias difíceis e se aproximem os dias da velhice em que dirás: "Não tenho mais satisfação em meus dias!"

[2] Antes que a luz do sol, da lua e das estrelas percam o brilho aos teus olhos, e penses que as nuvens carregadas de chuva jamais se afastarão de ti;

[3] quando os guardas da casa caminharem trêmulos, e os homens fortes andarem encurvados; quando cessar o trabalho diário dos moedores, por já serem poucos, e os que olham pelas janelas enxergarem apenas sombras e figuras turvas;

[4] quando as portas da rua se fecharem; quando o ruído do moinho diminuir muito e te despertares com o simples canto dos pássaros; mas o som de todas as canções te parecer fraco e distante;

[5] quando temeres a altura e te aterrorizares com os perigos das ruas; quando florir a amendoeira, o gafanhoto se transformar em um grande peso e perderes o gosto por quase tudo. Então é tempo de o ser humano se recolher à sua morada eterna, e os

Amava Engqondi 12

[1]Mkhumbule uMdali wakho ngemihla yobutsha bakho, ngoku ingekafiki imihla yeenkathazo, ingekasondeli neminyaka apho uya kuthi: "Akukho nto imnandi ekudleni ubomi."

[2]Ngelo thuba ke ukukhanya kwelanga, inyanga, neenkwenkwezi, kosuka kufiphale kuwe, nezulu lihlale lisibekele ngathi kungemva kwemvula.

[3]Iingalo zakho ebezikukhusela ziya kuba nomkhinkqi; ngokunjalo nale milenze yakho yomeleleyo okwangoku iya kuba nengevane. Uya kuba ungasenako ukuhlafuna, kuba amazinyo embalwa, namehlo selemfiliba, ungasaboni kakuhle.

[4]Iindlebe ziya kuba sezixinene, ungabi sayiva nengxolo esesitalatweni, nditsho nesandi selitye lokusila. Uya kuvuka kusasa zisantyiloza iintaka, noxa kungasekho nayiphi na ingoma onokuyiva.

[5]Ngelo xesha uya kuzoyika iindawo eziphakamileyo, ngokunjalo uziphephe iingozi ezitalatweni. Iinwele zakho zosuka zibe mhlophe oku kom-amangile otyatyambileyo, nasekuhambeni ungabi nako nokuzirhuqa oku, ke yona iminqweno

pranteadores caminharem pelas ruas chorando a tua partida.

ingabi nako ukuvuseleleka. Kaloku umntu uhlalelwe kukuhamba aye ekhayeni lakhe laphakade, abazili behle benyuka ezitalatweni.

[6] Sim, com certeza, lembra-te de Deus, antes que se rompa o cordão de prata, ou se quebre a taça de ouro; antes que o cântaro se despedace junto à fonte, a roda se quebre junto ao poço;

[6]Ewe kaloku, umxokelelwana wesiliva uya kushunquka, nesibane segolide siwe saphuke; ukanti ke nentambo phaya equleni iya kuqhawuka, nomphanda utsho ukroboke.

[7] o pó retorne à terra, de onde veio, e o espírito volte a Deus, que o concedeu.

[7]Ke lona uthuli lwethu luya kubuyela emhlabeni, apho lwaluvele khona kakade, umoya ubuyele kuThixo njengoko wawuvela kuye.

[8] “Que absurdo! Que futilidade! Tudo é ilusão, vaidade!” exclama Cohéllet, o sábio. E finaliza: “Nada faz sentido! Tudo é inútil!”

[8]Ewe, itsho iNgqondi ukuthi: “Ngamampunge akwampunge! Yonke into ngamampunge!”

Mhlonele uThixo, uyithobele imimiselo yakhe

[9] Além de ter sido sábio e mestre, Cohéllettambém ministrou grande conhecimento ao povo. Ele ouviu, analisou e colecionou diversos provérbios.

[9]Ke yona iNgqondi le ayibugcinanga nje ubulumko bayo, koko yathi rhoqo ukubaphakela abantu kubo. Yazikisa ukucinga, yenza uphando, yayila izafobe ezininzi.

Todo o dever do homem consiste em temer a Deus e em guardar os seus mandamentos

[10] O sábio procurou achar palavras inteligentes e agradáveis e escreveu com destreza e justiça seus muitos discursos plenos de verdade.

[10]INgqondi yazimisela ukufumana awona mazwi achanekileyo, inyaniso iyidandalazise njengoko injalo.

[11] As palavras dos sábios são como pregos bem pregados; são como varas pontiagudas que os pastores usam para guiar as ovelhas. Eis que estas palavras foram concedidas por Deus: o Único Pastor de todos nós.

[11]Amazwi ezilumko abukhali oku kwentonga enodalo, kanti ke yona ingqokelela yezafobe itshona lè oku kwesikhonkwane. Zizonke nje zivela kuThixo onguyena Malusi wethu sonke.

[12] Atentai, pois, filho meu, a mais este conselho: Não há limite para se produzir livros e estudar demasiado fazem o corpo todo ficar exausto.

[12]Ngaphezu koko, lutsha, nasi isilumkiso: Ukubhala iincwadi ezininzi yinto engaphele ndawo, kanti ke nokusoloko ufunda kuyawuqoba umzimba.

[13] Agora que já se disse tudo, eis aqui a conclusão a que chegamos: ama reverentemente a Deus e obedece aos seus mandamentos; porquanto foi para isso que fomos criados.

[14] Porque Deus conduzirá a Juízo tudo quanto foi realizado e até mesmo o que ainda está escondido; quer seja bem, quer seja mal.

[13]Ngoko ke ngoku nasi isishwankathelo salo mbandela: Mhlonele uThixo, uyithobele imimiselo yakhe, kuba oko luxanduva lomntu ngamnye.

[14]Kaloku uThixo usaza kusimisa enkundleni ngenxa yazo zonke izinto esizenzayo, ngokunjalo nezo zifihlakeleyo, nokuba zilungile, nokuba zimbi.

Cânticos	Uncuthu Lwengoma

Cantares 1

A esposa anela pelo seu esposo

1 Eis o cântico dos cânticos, a mais bela canção de amor composta por Shelomo, Salomão.

2 Beija-me o meu amado com os beijos da tua boca, pois seus afagos são melhores do que o vinho mais nobre.

3 O aroma dos teus perfumes é suave, teu shem, nome, é como shemem, óleo perfumado que se derrama generosamente. Por isso as jovens se apaixonam por ti.

4 Arrasta-me, pois, contigo! Corramos! Leve-me, ó rei, aos teus aposentos e exultemos!

5 Estou morena do sol, mas conservo-me bela, ó filhas de Jerusalém; escura como as tendas nômades de Quedar, linda como as cortinas de Salomão.

6 Não vos admireis por eu estar assim, morena escura, pois o sol me bronzeou a pele. Os filhos de minha mãe se iraram contra mim e me puseram para guardar as vinhas; contudo, da minha própria vinha não pude cuidar.

7 Diz-me tu, amado de minha alma, onde apascentas teu rebanho e onde o fazes repousar ao meio dia, se não me disseres serei como uma mulher que anda sem véu entre os rebanhos de teus companheiros.

Uncuthu Lwengoma 1

1Nalu uncuthu lwengoma lukaSolomon.

Umtshakazi

2Akwaba ubungakhe undiphuze, undincamise ngaloo mlomo! Aluyole ngako uthando lwakho; luhlasimlisa ngaphezu kwayo newayini!

3Isiqholo sakho sithi ndirhogole, negama lakho lifuz' eso siqholo. Yiyo le nto iintombi zithe phithi nguwe!

4Khawulezisa, ndithathe simke! Masiye entangeni yakho, kumkani!

Abathelelayo

Siya kugcoba sivuye ngawe! Uthando lwakho luyancomeka ngaphezu kwewayini; iintombi zifanele ukuthi phithi nguwe.

Umtshakazi

5Ewe, zintombi zaseJerusalem, ndingunomdakazana, kodwa ndinomkhitha oku kweentente zaseKedare nemikhusane kaSolomon.

6Ndingade ndibe ngunomdakazana kodwa noko ke sukundidela; ndifiphele nje kungenxa yelanga. Oonyana bakama basuka bandiqumbela, baza bandenza umgcini wesidiliya, ndaza mna siqu ndaziyekelela.

7Khawutsho ke, sithandwa sam, ngaba walusela phi kakade? Ziphumla phi iigusha zakho emini? Ngani ukuba ndibe ngogqubutheleyo ndikufune phakathi kwemihlambi yezihlobo zakho?

Umyeni

[8] Se não o sabes tu, ó mais bela entre todas as mulheres, segue o caminho das ovelhas, e apascenta os teus cabritos junto às tendas dos pastores.

[8]Awazi na kakade, nzwakazindini egqwesileyo? Hayi ke, landela umzila weegusha, uye kwalusa amatakane eebhokhwe kufutshane neentente zabelusi.

[9] Ó minha amada, eu te comparo à égua das carruagens do faraó.

[9]Hayi ke wena, sithandwa sam, usuke wafana nethokazi lehashe elitsala inqwelo yokumkani waseJiputa.

[10] Lindas são tuas faces entre teus brincos, e belo é o teu pescoço com os colares que te adornam.

[10]Azizihle ngako ezo zidlele ziphahlwe ngaloo macicikazi, naloo ntamo yakho ivathiswe ngamaso.

[11] Faremos para ti brincos de ouro cravejados de prata!

[11]Ndokwenzela amacici egolide aqhoqhonywe ngesiliva.

Umtshakazi

[12] Enquanto o rei está em seu divã meu nardo puro espalhou a seu perfume pelo aposento.

[12]Ukumkani uthe esangqengqile ngasetafileni yakhe, isiqholo sam satsho ngevumba elimyoli.

[13] O meu amado é para mim como uma delicada bolsa de mirra que passa a noite entre meus seios.

[13]Isithandwa sam ngathi yingxowana yesiqholo semore esithe nca phakathi kwamabele am.

[14] O meu amado é para mim como um ramalhete de flores de rena perfumadas, provenientes das excelentes vinhas de En-Gedi, Fonte das Cabras.

[14]Isithandwa sam ngathi sisipha seentyatyambo zehena, ezo zezidiliya zase-Engedi.

Umyeni

[15] Ó minha amada, como és formosa! Ah, como és linda! Os teus olhos brilham como os das pombas!

[15]Waza wamhle, sithandwa sam! Ewe, uyinzwakazi ke khona! Amehlo — hotyazana lakwabani!

Umtshakazi

[16] Como és belo, ó meu querido! Como és amável! Ah, como és encantador. A relva verde será o nosso leito de amor.

[16]Ewe, uyinzwana ke khona, sithandwa! Hayi, umtsalane wakho! Umandlalo wethu uluhlaza yaka!

[17] As vigas da nossa casa são de cedro puro, e os caibros, dos melhores pinheiros.

[17]Indlu yethu itsho ngemiqadi yemisedare, ngaphakathi yambathiswe ngemipayini.

Cantares 2

Uncuthu Lwengoma 2

[1] Sou apenas uma flor dos campos de Sharon, Sarom, uma tulipa dos vales!

[1]Ndiyintyatyambo yaseSharon, inyibiba yasentilini.

Umyeni

[2] Como formoso lírio entre os espinhos, assim é minha amada entre as jovens.

[3] Como uma macieira robusta entre todas as árvores do bosque, assim é meu amado entre os demais filhos da terra.

[4] Tenho prazer em sentar-me à sua sombra e o seu fruto é doce ao paladar como o damasco.

[5] Alimentai-me com tuas passas, confortai-me com teus damascos e curai-me com tuas maçãs. Oh! Que estou enferma de amor!

[6] Que teu braço esquerdo ampare a minha cabeça e o teu braço direito me envolva.

[7] Ó filhas de Jerusalém, pelas corças e gazelas do campo eu vos conjuro: não desperteis, não acordeis o amor, até que ele o queira!

[8] Ouvi! É a voz do meu amado que chama! Vede! Aí vem ele! Galopando pelos montes, saltando pelas colinas.

[9] Eis que o meu amado é como um vigoroso gamo, é como um filhote de gazela. Reparai! Lá está ele em pé, postando-se atrás do muro, vigiando pelas janelas, espreitando pelas grades.

[10] Assim me declara o meu amado: Levanta-te minha amada, minha bela, e vem.

[11] Olha e vê que o inverno já se foi; a chuva cessou, é primavera!

[12] Surgem as muitas flores pelos campos; chegou o tempo de podar e cantar; e já se

[2]Njengenyibiba phakathi kwameva sinjalo isithandwa sam phakathi kweentombi.

Umtshakazi

[3]Njengomthi weeapile ehlathini sinjalo isithandwa sam phakathi kwabafana. Akwaba bendingahlala emthunzini wawo; azimnandi ngako iziqhamo zawo!

[4]Wandingenisa endlwini yombhiyozo, wandiphakamisela intshinga yothando.

[5]Ndomeleze ngesixa seerasentyisi, kananjalo undihlaziye ngeeapile. Kaloku ndiyafa luthando.

[6]Isandla sakhe sasekhohlo sixhasa intloko yam, esokunene sona siyandiwola.

[7]Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa ngamabhadikazi namanxalakazi asendle: Sanukuluxhokonxa ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

[8]Khanive, sisithandwa sam eso! Awu, naso ke sisiza: siza siqakatha ezintabeni; siyatsiba-tsiba ezindulini phaya.

[9]Isithandwa sam ngathi linxala, sona sinjengetakane lebhadi. Naso simi emva kodonga lwakowethu, silolonga efestileni, sinyondla, sikroba emkhusaneni.

[10]Isithandwa sam sibhekisa kum, sisithi: “Vuka kaloku, sithandwa sam. Awu, uyinzwakazi ke khona! Yiza kaloku, masihambe.

[11]Kaloku bona ubusika budlule, kananjalo neemvula zigqithile.

[12]Iintyatyambo ziqhakazile elizweni; ligalelekile ixesha lokuntyiloza. Nâlo ihobe lidumzela; ewe, liyavakala kweli lakowethu.

ouve o doce arrulhar das pombinhas em nossa terra.

[13] A figueira começa a dar seus primeiros figos: as vinhas estão floridas e o perfume das uvas toma conta dos vales.

[14] Pomba minha, que se aninha nos vãos dos rochedos, nos esconderijos, nas encostas dos montes; deixa-me contemplar teu rosto lindo, deixa-me ouvir tua voz meiga, pois tua face é tão formosa e tão doce a tua voz!”

[15] Agarrai-nos as raposas, as pequenas raposas que devastam nossas vinhas, porquanto as nossas vinhas já estão em flor.

[16] O meu amado é meu, e eu sou dele; ele zela por seu rebanho entre os lírios.

[17] Antes que a brisa do alvorecer comece a soprar e o dia surja afugentando as sombras, volta, amado meu! Sê como um cervo; um filhote de corça vigoroso sobre as colinas escarpadas de Beter.

Cantares 3

[1] Em meu leito, durante a noite, busquei o amado da minha alma. Procurei-o e não o encontrei!

[2] Vou levantar-me, vou rondar pela cidade, pelas ruas, pelas praças, procurando aquele a quem ama o meu coração. Eu o procurei cuidadosamente, todavia não o achei.

[13]Ngoku namakhiwane okuqala ayavuthwa; ukudubula kwesidiliya kutsho ngesiqholo. Phakama uze, sithandwa. Ewe, nzwakazi yam, yiza kaloku, masihambe!”

Umyeni

[14]Uyintw' engathi lihotyazana lithe nca ezimfanteni zamawa; nditsho elizimela ezintabeni. Vela kaloku ndikubone, ukuze ndive nelo lizwi; nditsho elo liyole kunene. Ubuso bakho buthi ndijonge!

[15]Khawusibambele ezo mpungutye; ewe, iimpungutyana ezincinci, kuba ziyazonakalisa izidiliya, kanti izidiliya zethu zityatyambile.

Umtshakazi

[16]Isithandwa sam sesam, kanti nam ngokwam ndingowaso. Sona salusa phakathi kweenyibiba.

[17]Ide ke isangane imini, ke wona amathunzi anabe, jika ubuye, sithandwa sam. Ewe, khawube njengenxala; khawuxel' ithole lebhadi kuloo mixawuka yeentaba.

Uncuthu Lwengoma 3

[1]Ubusuku bonke emandlalweni wam ndahlala ndimlindele olangazelelwa yintliziyo yam; ndaba ngamjonga kodwa andamfumana.

[2]Ndosuka ndivuke ndihamba-hambe esixekweni, ndijikeleze ezitalatweni nasemabaleni; ndomzingela lowo ulangazelelwa yintliziyo yam. Ewe, ndaba ngathalaza andamfumana.

[3] Encontraram-me os guardas quando faziam a ronda pela cidade; eu lhes indaguei: “Porventura vistes aquele a quem eu amo?”

[3]Ke bona abalindi bandibhaqa; bona babehamba-hamba bejikeleza isixeko: “Ngaba khange nisibone isithandwa sam?”

[4] Assim que passei por eles, entretanto, encontrei o amado da minha vida. Agarrei-o e não vou mais soltá-lo, até conduzi-lo à casa da minha mãe, ao quarto daquela que me deu à luz.

[4]Ukubanje ndahlukane nabo suka ndagaxeleka kuye ndamfumana. Hayi ke, ndambamba andamyeka, ndaza ndaya naye endlwini kamama, kwigumbi lalowo ndakhawulwa nguye.

[5] Ó filhas, mulheres de Jerusalém, eu rogo que jures pelas belas gazelas e corças do campo: Não desperteis, não provoqueis o amor enquanto ele próprio não o quiser!

[5]Zintombi zaseJerusalem, ndinifungisa amanxala namabhadi asemathambekeni: Sanukuluxhokonxa ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

O cortejo nupcial. O esposo exprime o seu amor pela esposa

[6] O que vem subindo do deserto, como colunas de fumaça, perfumado de mirra, de incenso e de todo tipo de aromas das especiarias dos mercadores?

[6]Ngubani na lo uthi gqi entlango, lo ngathi ngumqulu womsi? Nditsho lo uqholwe ngesiqhumiso nentlaka esiphuma kwiziqholo zabarhwebi.

[7] Vede! É a liteira, a cadeira na qual Salomão é transportado, escoltada por sessenta guerreiros, dos mais valentes de Israel.

[7]Tyhini, yinqwelo kaSolomon! Ukhatshwa ngamashumi amathandathu amajoni, ezona ngcungela zamagorha akwaSirayeli.

[8] São todos treinados e hábeis no manejo da espada, provados em muitas batalhas. Vêm todos cingidos de espada, prontos para enfrentar qualquer surpresa noturna.

[8]Onke agaxel' amakrele; onke ngoompondo zihlanjiwe emfazweni. Ngalinye lixakath' ikrele; selilungel' izigigaba zobusuku.

[9] O rei Salomão fez para si uma liteira com madeira do Líbano.

[9]Ukumkani uSolomon uzenzele inqwelo, eyenza ngamaplanga omthi waseLebhanon.

[10] As colunas, fez de prata, o teto em ouro puro, as almofadas dos bancos, todas forradas de púrpura, seu interior foi todo construído em ébano e decorado pelas mulheres de Jerusalém.

[10]Iintsika zayo zityatyekwe ngesiliva, amazantsi ayo atyatyekwa ngegolide. Isihlalo sona sênziwa ngelaphu elimsobo; umphakathi ke wona uthungwe ngobunono zezo ntombi zaseJerusalem.

[11] Ó filhas de Sião! Saí, pois, e vinde contemplar o rei Salomão! Está com a coroa com que sua mãe o coroou no dia do seu

[11]Phumani, zintombi zaseZiyon; khanikhangele nimbone ukumkani uSolomon. Nanko ethwele isithsaba

casamento, no dia da alegria do seu coração!

Cantares 4

[1] Como és bela, minha amada, como és linda! Os teus olhos, por trás do teu véu, são viçosos como os olhos das jovens pombas de Israel. O teu cabelo é como um rebanho de cabras que vem descendo pelas colinas de Gileade.

[2] Teus dentes...um rebanho de ovelhas brancas tosquiadas subindo após o banho, cada qual com suas crias gêmeas e nenhuma delas está sem filhotes.

[3] Os teus lábios são como um fio vermelho e delicado e a tua boca é linda. As tuas faces são como metades de uma romã por trás do teu véu.

[4] O teu pescoço é como a torre de Davi, erguida como arsenal. Nela estão pendurados mil escudos de guerra, todos eles escudos que pertenceram a guerreiros heróicos.

[5] Teus seios são como dois filhotes de cervo, como crias gêmeas de uma gazela vigorosa e que repousam entre os lírios.

[6] Enquanto não chega a aurora e as sombras da noite não fogem, irei à montanha da mirra e à colina do incenso.

[7] És, portanto, toda bela, minha amada, e não tens um só defeito!

[8] Vem do Líbano, noiva minha! Vem comigo do Líbano, meu amor! Desce do topo do Amana, do topo do Senir e do monte

sobukhosi, eso wasithweswa ngunina mhla zawelan' iindonga, mhla intliziyo yakhe yaphuphuma luvuyo!

Uncuthu Lwengoma 4

Umyeni

[1]Awu ke wena, sithandwa sam, awusemhle ngako — uyinzwakazi enomkhitha! Loo mehlo angaphaya kwesigqubuthelo nqwa namahotyazana; iinwele ngathi ngumhlambi weebhokhwe xa zisihla kwiintaba zaseGiliyadi.

[2]Loo mazinyo amhlophe qhwa, ngathi ziigusha ezisand' ukuchetywa, kanye xa zigqityw' ukuhlanjwa. Onke asenamaqabane awo, akukho lingumth' uzimele.

[3]Imilebe ngathi ngumty' obomvu; hay' ukuthandeka kwaloo mlomo! Izidlele ngathi ngamaqhekez' erharnati, ngaphaya kweso sigqubuthelo.

[4]Ntamo ngathi yinqaba kaDavide, yona yakhiwe ngezintlu zamatye; ithiwe gaxa ezo ntsimbi, ngathi liwaka lamakhaka amagorha.

[5]Loo mabele ngathi ngamatakane amabini; nditsho amawele ebhadi, ethuku-thukuza phakathi kweenyibiba.

[6]Ide ke isangane imini, ke wona amathunzi anabe, ndohamba-hamba kwiintaba zesiqholo semore, ndijikeleze kwiinduli zentlaka yesiqhumiso.

[7]Awumhle ngako, sithandwa sam! Umhle ngenene, awunasiphako!

[8]Masihle eLebhanon, mtshakazi wam; ewe, masihle eLebhanon. Masihle kwincopho yeAmana, nditsho kumalenga-lenga eSenire, incopho yentaba iHermon, apho

Hermom, das covas dos leões, da montanha dos leopardos.

9 Furtaste-me o coração, minha igual, minha noiva amada. Roubaste-me toda a alma com um simples olhar, com uma simples joia dos teus preciosos colares.

10 Quão deliciosas são as tuas carícias, minha irmã, minha noiva amada! Teus amores são mais agradáveis que o melhor e mais puro dos vinhos. A fragrância do teu perfume supera a mais cara especiaria!

11 Os teus lábios gotejam a doçura dos favos de mel, minha amada noiva; leite e mel estão debaixo da tua língua. O aroma das tuas vestes é como o perfume do Líbano.

12 És como um jardim fechado, minha noiva e minha irmã em Israel; és jardim fechado, uma fonte lacrada.

13 De ti brota um pomar de romãs graúdas, com frutos excelentes e saborosos; flores de hena perfumada e nardo puro;

14 nardo e açafrão, cálamo e canela, com todo tipo de madeiras aromáticas, mirra e aloés, com todas as mais finas e caras especiarias.

15 Amada, és a fonte do mais lindo jardim, origem das águas vivas, que se tornam correntes e descem volumosas e refrescantes do Líbano!

16 Desperta, ó vento norte! Aproxima-te, vento sul! Soprai em meu jardim, a fim de espalhar por toda a parte os teus perfumes.

zinezikhundla zazo iingonyama, apho zihlala khona izingwe.

9Ewe, uyithimbile intliziyo yam; nditsho wena, mtshakazi wam, dad' ethu. Ngenene intliziyo yam uyibile ngokundithi krwaqu kanye ngaloo mehlo akho, nangomxokelelwane nje omnye entanyeni yakho.

10Awu, ndithe swii nguwe, mtshakazi wam, dad' ethu! Uthando lwakho lundanelisa ngaphezu kwewayini; nevumba lamafutha akho lingaphezulu kwazo zonke iziqholo.

11Imilebe yakho, mtshakazi wam, ithontsiza incindi; phantsi kolwimi lwakho lubisi nobusi. Ivumba lezambatho zakho ngathi livumba laseLebhanon.

12Mtshakazi wam, dad' ethu, wena ungumyezo ofihlakeleyo, ngathi ungumjelo obiyelweyo, umthombo ovingcelweyo.

13Izityalo zakho ngathi ngumyezo weerharnati; umyezo oziqhamo zizezodidi: ihena nenadusi ngokwayo.

14Ewe, ikho inadusi nesafroni, okuziikalamo noozisinamoni, iintlobo-ntlobo zemithi yentlaka yesiqhumiso. Asisathethi ke ngemore nekhala nezona-zona ndidi zeziqholo.

15Ngumyezo onkcenkceshwa yimithombo; nditsho imithombo empompozayo, imithombo enkcenkceza kwiintaba zeLebhanon.

Umtshakazi

16Vumbuluka, moya wasentla; vuthuza, moya wasezantsi! Phepheza emyezweni wam, ivumba lawo litsho lithi saa!

Ah! Que meu amado entre em seu jardim e coma os seus frutos deliciosos!

Cantares 5

A esposa finge indiferença pelo esposo, mas segue-o imediatamente, busca-o e reconcilia-se com ele

1 Adentrei ao meu jardim, minha irmã, minha igual, noiva amada. Colhi minha mirra e meu bálsamo, comi todo o meu favo de mel, bebi meu vinho puro e saciei-me de leite!

2 Eu estava quase adormecida, mas meu coração vigiava. Escutai! É a voz do meu amado. Eis que está batendo à porta!

3 Já despi a minha túnica, querido! Terei de vesti-la novamente? Já lavei os meus pés. Terei de colocá-los sobre o chão de novo?

4 Assim que meu amado passou a mão pela abertura da fechadura, meu coração palpitou mais forte e todo o meu corpo estremeceu por causa da sua presença.

5 Então me levantei para abrir a porta ao meu amado. As minhas mãos destilaram mirra, e os meus dedos gotejavam perfume sobre a maçaneta da tranca.

6 Eu abri a porta ao meu amado, mas ele já havia partido, já tinha ido embora. Quase desfaleci porque ele se fora. Procurei-o então, mas não consegui revê-lo; clamei-o, contudo ele não me respondeu.

7 Encontraram-me os guardas quando faziam a ronda. Os guardas dos muros

Masingene emyezweni waso isithandwa sam, singcamle ezona ziqhamo.

Uncuthu Lwengoma 5

Umyeni

1Ndingenile emyezweni wam, mtshakazi wam, dad' ethu. Ndiyifumene imore nezinye iziqholo, ndiyityile incindi nobusi, ndilusele ubisi newayini.

Abatheleli

Yityani nisele, nina zihlobo! Ewe, selani nide nincitheke, nina bathandanayo.

Umtshakazi

2Bendilele, kodwa ingqondo yam iphaphile. Nâso isithandwa sam sinkqonkqoza sisithi: “Ndingenise kaloku, sithandwa sam, dad' ethu, hobe lam, cikizwa wam. Intloko yam imanzi ngumbethe, neenwele zam ngamathontsi asebusuku.”

3Awu, sendikhulule nje! Uthi mandinxibe kwakhona? Sendizihlambile neenyawo. Uthi mandizingcolise kwakhona?

4Isithandwa sam solula isandla kwikroba lokuvula, yatsho yabetha intliziyo yam ngenxa yaso.

5Ndavuka ndisiya kuvulela isithandwa sam, izandla zam zivuza isiqholo semore, neminwe imanzi kwasiso. Ndasichukumisa ndinjalo isitshixo,

6ndasivulela isithandwa sam. Kodwa phi kwaphi, sasimkile nje! Benditsho ndasilangazelela sakuthetha, ndaba ngathalaza andasibona, ndaba ngamemeza, tu impendulo!

7Ndade ndabhaqwa ngabalindi kwimijikelo yabo esixekweni. Hayi ke, bandibetha

agrediram-me, feriram-me e arrancaram meu manto.

[8] Ó amigas, mulheres de Jerusalém, eu as faço jurar: se encontrardes o meu amado, dizei-lhe que caí enferma de amor!

[9] Ora, bela noiva, que diferença pode haver entre o teu amado e outro homem qualquer, ó tu, a mais formosa entre todas as mulheres de Israel? Que é o teu amado mais do que outro amado, para que nos obrigue a jurar?

[10] O meu amado é alvo e está com a pele rosada do sol; ele é o mais forte e bonito entre dez mil homens.

[11] A sua cabeça é como o ouro mais refinado, os seus cabelos ondulam ao vento como os ramos de palmeira; pretos como a plumagem dos corvos.

[12] Os seus olhos são como os olhos das jovens pombas junto aos regatos de água pura, lavados em leite, incrustados como finas joias em seu rosto.

[13] Sua faces são como um jardim de especiarias que exalam perfume. Seus lábios são como lírios que destilam a mais pura mirra.

[14] Seus braços são como cilindros de ouro maciço com berilo neles engastado. Seu tronco é como marfim polido adornado de safiras.

[15] Suas pernas são verdadeiras colunas de alabastro, mármore, firmadas em bases de ouro puro. Sua aparência é como o próprio Líbano; ele é elegante como os cedros.

bandenzakalisa. Nâbo besimka nengubo yam abo bagada iindonga zesixeko.

[8]Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa: Apho nisibone khona isithandwa sam ze nisixelele ukuba ndiyafa luthando!

Abatheleli

[9]Nzwakazi yeenzwakazi, sibhetele ngani esakho isithandwa? Ngaba siyabedlula na abanye, le nto ude usifungise ngolu hlobo?

Umtshakazi

[10]Isithandwa sam yinzwana ekomelela; songama nakwishumi lamawaka.

[11]Intloko yaso yeyona golide, iinwele sisihlwitha esimfaneleko, zimnyama ngathi lihlungulu.

[12]Yintw' emehlo ngathi lihobe xa lisemithonjeni yamanzi. Ngathi ahlanjwe ngobisi, ahonjiswa okwamatye exabiso.

[13]Izidlele ngathi ngumhlatyana wezityalo ovelisa iziqholo ezivumba limyoli. Imilebe ngathi yinyibiba, yona ivuza isiqholo semore.

[14]Yintw' engalo ngathi ziintonga zegolide eziqhoqhonywe ngamatye exabiso. Umzimba ugude njengebamba lendlovu, uqhoqhonywe ngamatye esafire.

[15]Yintw' emilenze ngathi ziintsika zemabhule ezimiliselwe kwizikhondo zeyona golide. Yingwanyalala ngathi ziintaba zeLebhanon naloo misedare ingayiwayo.

[16] Sua boca é a própria doçura. Ele é todo uma delícia! Assim é o meu amado, meu irmão e amigo, ó filhas de Jerusalém!

Cantares 6

[1] Para onde foi o teu amado, ó mais formosa das mulheres? Dizei-nos aonde foi o teu amado, a fim de que o procuremos contigo?

[2] O meu amado desceu ao seu jardim, aos canteiros perfumados pelas especiarias, para descansar e colher lírios.

[3] Eu pertenço ao meu amado e o meu amado é meu; ele descansa satisfeito entre os lírios.

[4] És toda linda, minha querida, és tão bela como Tirza, maravilhosa como Jerusalém, admirável como um exército desfilando com suas bandeiras.

[5] Afasta por um pouco os teus olhos dos meus, pois eles me provocam. Tuas tranças negras ao vento são com um jovem rebanho de cabras descendo em fila das boas pastagens de Gileade!

[6] Teus dentes são como um rebanho de ovelhas brancas que sobem do lavadouro. Cada uma tem seu par e não há nenhuma sem crias.

[7] Tuas faces, por trás do véu suave, são como as metades de uma romã.

[8] Ainda que sejam sessenta rainhas, oitenta concubinas e um número incontável de donzelas,

[9] uma só é minha pomba amada e sem mácula. Ela é a filha favorita de sua mãe, a predileta daquela que a gerou. Quando outras jovens a veem, exclamam o quanto

[16]Hay' ukuyola komlomo wakhe; ngenene isithandwa sam sinomtsalane. Sinjalo ke esam isithandwa, zintombi zaseJerusalem!

Uncuthu Lwengoma 6

Abatheleli

[1]Nzwakazindini etshatsheleyo, siye ngaphi isithandwa sakho? Ngaba sibhekise ngaphi, khon' ukuze nathi sikufunise?

Umtshakazi

[2]Simke saya emyezweni waso, apho kutyalwe iziqholo khona. Sizalusele khona emyezweni, kananjalo siqokelela iinyibiba.

[3]Isithandwa sam sesam, nam ndingowaso; salusela phakathi kweenyibiba.

Umyeni

[4]Awu, waza wamhle, sithandwa sam! Uyinzwakazi okwesixeko iTiza; umhle nqwa neJerusalem; unesihomo ngathi ngumkhosi onendwe.

[5]Hayi, musa ukundijonga; amehlo akho ayandongamela. Iinwele ngathi ngumhlambi weebhokhwe zisihla kuloo mixawuka yaseGiliyadi.

[6]Amazinyo amhlophe qhwa, ngathi ziigusha zivela kuhlanjwa. Onke asenamaqabane awo; akukho lingumth' uzimele.

[7]Izidlele ngaphaya kwesigqubuthelo ngathi ngamacala erharnati.

[8]Amakhosikazi ngamashumi amathandathu, amaqadi ngamashumi asibhozo, ngokunjalo nentaphane yeentombi,

[9]ke mna andiziva ngehobe lam, yena cikizwa wam onguye qwaba! Nguyedwazana kanina, yena ngumathandwa walowo umzeleyo. Zonk'

ela é feliz; rainhas e concubinas muito a elogiam.

10 Que é essa que desponta nas alturas como a luz do alvorecer, linda como a lua, brilhante como o sol, magnífica como um exército desfilando com suas bandeiras?

11 Desci ao bosque das nogueiras para constatar o surgimento das novas plantas no vale, para confirmar se as videiras já haviam brotado e se as romãs estavam em flor.

12 Entretanto, antes mesmo que me apercebesse, meus pensamentos já haviam me colocado entre os carros do meu nobre povo!

13 Volta Sulamita! Volta por favor! Retorna para que possamos contemplar teu esplendor!

Cantares 7

1 Ó amor, como são formosos os teus pés calçados com delicadas sandálias, ó filha do príncipe! As curvas das suas coxas são verdadeiras pérolas; obras das mãos do mais excelente artífice.

2 Teu umbigo é como uma delicada taça arredondada, onde jamais falta o vinho das melhores safras e misturas. Tua cintura é um feixe de trigo adornado de lírios.

3 Teus seios são como dois filhotes gêmeos de gazela.

4 Teu pescoço, uma torre de marfim; teus olhos, as piscinas de Heshbon, junto às portas de Bat-Rabim; teu nariz é como a torre do Líbano voltada para Damasco.

iintombi ziyamdumisa zakumbona; unconywa ngamakhosikazi namaqadi.

10Ngubani lo uthi gqi ngathi ngumso, omkhitha ngathi yinyanga, oqaqambe ngathi lilanga, ondili ngathi ziinkwenkwezi zingumngcelele?

11Ndihle nday' emyezweni wemithi yeenati, ndaya kubuka izityalo entilini. Ndiye kukhangela ukuba imidiliya iyadubula na, nokuba ngaba imirharnati iyatyayamba na.

12Ndithe ndingaqondi ndazibhaqa sengathi ndilitshawe lamatshawe, ndiphethe iinqwelo zokulwa zabantu bakowethu.

Abatheleli

13Buya, buya, mShulemikazi! Buya, buya, ukuze sikubone!

Umtshakazi

Nobona ntoni na kakade kumShulemikazi lo gama angqungqayo phakathi kwemikhosi?

Uncuthu Lwengoma 7

Umyeni

1Azintle ngako ezo nyawo zisezimbadadeni, nditsho wena ke, nkosazanandini. Naloo milenze ngathi ziintsimbi zokuhombisa, ngathi yenziwe zizandla zengcibi.

2Inkab' engqukuva ngathi yingqayi ehlal' inewayini exutyiweyo. Isisu ngathi yingqumba yengqolowa, yona ijikelezwe ziinyibiba.

3Amabele ngathi ngamawele, nditsho amatakane enxala.

4Intamo injengenqaba yamabamb' endlovu. Amehlo anjengamachibi aseHeshbhon, lawo angasesangweni leso sixekokazi. Impumlo

ngathi yinqaba yaseLebhanon, leyo ikhangelene neDamasko.

5 Tua cabeça eleva-se como o monte Carmel, Carmelo. Teus cabelos soltos têm brilhos de púrpura; o rei foi capturado por tuas tranças!

5Intloko ithe cwa, ngathi yintaba iKarmele. Iinwele ngathi lilaphu elimfusa — buhle bazo buthimba nokumkani.

6 Como és linda! Quão formosa de se admirar és tu, que amor delicioso!

6Yeka loo mfaneleko, awumhle ngako! Uthando lwakho luyahlasimlisa.

7 Tens o porte da palmeira, e os teus seios como cachos do fruto mais saboroso.

7Yintw' eluthi ngathi lisundu, emabele ngathi zizihloko zeediliya.

8 Então pensei: “Subirei essa palmeira e colherei os seus frutos. Sejam os teus seios como os mais generosos cachos da videira, o aroma da tua respiração como o perfume dos melhores damascos,

8Ndosuka nditsiwule kwelo sundu, ndiqhawule kwezo ziqhamo. Amabele ngathi zizihloko zediliya; umphefumlo wakho livumba leeapile;

9 e a tua boca como o vinho mais puro e delicioso...

9umlomo ngathi yeyona wayini.

Umtshakazi

Loo wayini mayiginywe sisithandwa sam, igqithe kuloo milebe naloo mazinyo.

10 Eu sou do meu amado e ele deseja somente a mim!

10Mna ndingowesithandwa sam; naso ke siyandilangazelela.

11 Vem, pois, meu amado, retiremo-nos para o campo primaveril, passemos a noite nos povoados.

11Yiza, sithandwa, siye emaphandleni, siye kulala ezilalini,

12 Logo ao alvorecer partiremos para as vinhas, a fim de confirmarmos se já florescem, se os botões estão se abrindo, se as romeiras vão florindo; ali eu te darei todo o meu amor.

12sivuke kwanini, siye ezidiliyeni, ukuze sihlole ukudubula kwazo, sibone ukuba azikatyatyambi na, siqonde nokudubula kwemirharnati. Khona ndokuvava ngothando.

13 As mandrágoras, os jasmins que aumentam o desejo de amar nas mulheres, já exalam o seu perfume, e à nossa porta há todo tipo de frutos excelentes, secos e frescos, que reservei somente para ti, ó meu amado, meu desejo!

13Wofumana ivumba lemithuma nezimuncu-muncu zeziqhamo zisemnyango, nditsho ezidala nezitsha, ndizigcinele wena, sithandwa sam!

Cantares 8

Uncuthu Lwengoma 8

[1] Ah! Que bom seria se fosses meu irmão, meu igual, amamentado aos seios de minha mãe! Então, quando eu te encontrasse fora de casa, eu poderia te beijar à vontade e ninguém se desconcertaria.

[2] Eu te conduziria e te traria à casa de minha mãe e tu me iniciarias. Eu te daria a beber vinho aromatizado, o néctar das minhas romãs.

[3] O teu braço esquerdo esteja debaixo da minha cabeça e o teu braço direito me abrace com doçura.

[4] Amigas! Mulheres de Jerusalém, eu rogo que jureis: Não desperteis, não acordeis o amor, até que ele o queira!

O amor inalterável do esposo para com a esposa

[5] Quem, pois, é esta que vem subindo do deserto, apoiada no seu amado?

[6] Grava-me como um selo em teu coração, como uma marca indelével em teu braço; pois o amor é tão forte quanto a morte e a paixão é tão inflexível quanto o próprio Sheol, a sepultura. Tuas brasas são fogo ardente, são como as labaredas do Eterno!

[7] Nem mesmo as muitas águas conseguem apagar o amor; os rios não conseguem arrastá-lo correnteza abaixo. Quisesse alguém dar tudo o que possui para comprar o amor, qualquer valor seria absolutamente desprezado.

[1]Akwaba ubungumnakwethu, nditsho owancanca kumama. Bendiya kukuncamisa naphandle phaya, ndize ndingagxekeki noko.

[2]Bendiya kukukhokela ndikuse endlwini kamama, yena wandifundisayo, ndikuseze iwayini edidiyelwe ngezinongo nencindi yeerharnati zam.

[3]Isandla sakho sasekhohlo besiya kuxhasa intloko yam, esokunene sona sindiwole.

[4]Zintombi zaseJerusalem, ndiyanifungisa: sanukuluxhokonxa ningaluphembeleli uthando; luyekeni lude luzivukele ngokwalo.

Abatheleli

[5]Ngubani lo uvela ngasentlango, uqhogene nesithandwa sakhe?

Umtshakazi

Ndakuvusa phantsi kom-apile, apho wakhawulwa khona ngunozala wakho, apho waba nenimba khona owakuzalayo.

[6]Mayibe ndim kuphela osentliziywemi yakho oku komsesane wokutywina; ewe, mandibe ngumsesane wokutywina engalweni yakho. Lent' uthando lunamandla nqwa nokufa; ikhwele lalo aliqheliseli oku kwengcwaba. Ludangazela ngathi lidangatye, luvuthe ngathi ngumlilokazi.

[7]Alungecinywa nangamanzi; alukhukuliseki naziimpuphuma. Xa unokulithenga ngobutyebi bonke bendlu yakho ungasuka ube sisigculelo.

Abatheleli

[8] Eis que temos uma irmã ainda muito jovem, cujos seios aguardam o momento de aflorar. Que faremos por nossa irmã, no dia em que ela for pedida em casamento?

[8]Thina sinodade wethu; akakantshuli namabele. Kambe, singamenzela ntoni mhla acelwayo?

[9] Se ela for um muro, construiremos sobre ela uma torre de prata. Se ela for uma porta, nós a reforçaremos com tábuas de cedro.

[9]Ukuba ke ebeludonga ngesimakha abe yinqaba yesiliva. Nokuba ngaba ebelisango ngesimkhusela ngemivalo yomsedare.

Umtshakazi

[10] Eu sou muralha e meus seios as torres; aos olhos do meu amado, porém, sou a mensageira da paz!

[10]Ewe, mna ndiludonga; la mabele ziinqaba. Yiloo nto emehlweni akhe ndingulowo umphathela ukwaneliseka.

[11] Salomão possuía uma vinha em Baal-Hamom; ele entregou a sua vinha a arrendatários. Cada um devia trazer pelos frutos da vinha doze quilos de prata.

[11]USolomon unesidiliya eBhali-hamon; uqeshise ngaso kubalimi. Ngeziqhamo zaso bayarhuma: liwaka leengqekembe zesiliva.

[12] Quanto à minha própria vinha, eis que essa me pertence e está a meu dispor; tu, ó Salomão, terás os doze quilos de prata e os que tomaram conta dos seus frutos receberão seus dois quilos e meio.

[12]Esam isidiliya sesam ke! Iwaka lesiliva lelakho, Solomon. Amakhulu amabini ngawabaqeshi.

Umyeni

[13] Ó tu, que habitas nos jardins, os amigos querem ouvir-te; permite-me ouvir a tua doce voz também!

[13]Wena ohlala emiyezweni, osoloko engqongwe zizihlobo, mandilive ilizwi lakho.

Umtshakazi

[14] Ó, vem depressa, meu amado; torna-te semelhante ao jovem cervo, ou ao filhote da gazela saltando vigorosamente sobre os montes perfumados!

[14]Xhabasha, sithandwa sam! Yiba ngathi ulinxala, ube ngathi ulitakane lebhadi kwezo ntaba zeziqholo.

Isaías	UIsaya

Isaías 1

Exortações e ameaças

[1] Visão sobre Judá e Jerusalém, entregue a Ieshaiáhu ben Amóts, Isaías, filho de Amoz, nos dias de Uziáhu, Uzias, Iotam, Jotão, Ahaz, Acaz e Iehizkiáhu, Ezequias, reis de Judá.

[2] Ouvi, ó céus, presta atenção, ó terra! Eis que assim diz Yahweh, o SENHOR: “Criei filhos e os fiz desenvolver, todavia eles se revoltaram contra minha pessoa.

[3] O boi reconhece o seu dono e o jumento conhece o local onde o seu senhor costuma depositar o alimento diário; contudo, Israel não deseja me compreender, o meu próprio povo não age com sabedoria.

[4] Ah, que tristeza! Nação pecadora, povo carregado de malignidade! Raça de perversos, filhos que amam a corrupção! Eis que abandonaram o Eterno, desprezaram o Santíssimo de Israel, e afastaram-se do SENHOR!

[5] Onde mais podereis ser castigados e feridos, vós que perseverais no pecado? Por que insistis na rebeldia? De fato, toda a cabeça está em chagas, o coração tomado pelo sofrimento.

[6] Desde a planta dos pés até o alto da cabeça não existe nada são; somente machucaduras, vergões e ferimentos sangrando que não foram limpos nem atados, tampouco tratados com azeite.

UIsaya 1

UThixo ukhalimela abantu bakhe

[1]KwelakwaJuda ngemihla yookumkani u-Uziya, uYotam,uAhazi, noHezekiya, uIsaya unyana ka-Amozi wafumana isityhilelo esivela kuThixo, waza wadanduluka wathetha ngokubhekiselele kwisizwe sakwaJuda neJerusalem, wenjenje:

[2]Hoyi-i-i-na! Hoyina, mazulu! Bek' iindlebe, nawe hlabathi! Kaloku uNdikhoyo uthethe wathi: “Ndakhulis' abantwana ndabondla, kodwa ke ngoku bajike bandivukela.

[3]Kambe ke yona inkomo iyamaz' umniniyo, ngokunjalo nedonki iyasazi isibaya sayo. Ukanti ke yena uSirayeli uvalekile; ewe, abantu bam abazi nto tu!”

[4]Yeha ke, sizwe samanyundululu, abantu abasuntsubala bubugwenxa, nzalandini yamatshijolo, sizukulwanandini sonakalisayo! Kaloku nikreqile nina kuNdikhoyo, nisuke namdelela uYedwa kaSirayeli; ewe ngenene, nihlehlile namfulathela.

[5]Anikaneli kwesingaka sona isohlwayo? Niya kurhoxa nini kolu vukelo? Mhawoo! Intloko seyide yaboko-boko; xa uwonke nomzimba uvikivekile.

[6]Phantsi elunyaweni kuye entloko phezulu, hayi konke, kulityufu-tyufu nje! Kuziingongoma, kuziinduma; azicudiswanga, zingakhanyelwanga nangachiza; ewe, khange zikhathalelwe zibotshwe!

[7] A vossa terra está desolada e vossas cidades foram completamente arrasadas pelo fogo; os estrangeiros estão devorando os vossos campos sem piedade e diante dos vossos olhos, é a desolação com a devastação que os pagãos costumam causar.
[8] Como uma humilde cabana em meio a um vinhedo arrasado foi abandonada a Filha de Tsión, a Cidade de Sião; uma choça no meio de uma plantação de verduras, uma cidade sitiada.
[9] Não tivesse o Eterno, o SENHOR dos Exércitos nos deixado alguns sobreviventes, já estaríamos arrasados como Sodoma e destruídos como Gomorra.

[10] Ouvi a Palavra de Yahweh, ó príncipes e líderes de Sodoma, prestai atenção à instrução do nosso Deus, povo de Gomorra!

[11] Indaga o SENHOR: "Que me importam os vossos inúmeros sacrifícios? Para que me trazeis tantos holocaustos? Eis que estou farto de sacrifícios queimados de carneiros e da gordura de novilhos cevados. Ora, não tenho nenhum prazer no sangue de novilhos, cordeiros e bodes!

[12] Quando vindes à minha presença quem vos pediu que pisásseis os meus átrios?

[13] Basta de trazer-me oferendas sem sentido: elas são para mim como um incenso abominável! Luas novas, sábados e celebrações! Não consigo suportar nenhuma de vossas reuniões e assembleias, todas sempre repletas de iniquidade.

[7]Nâlo ilizwe lakowenu liyinkangala; okwakuzizixeko kutshe kwaluthuthu. Yonke ke loo nto nikho nibukele. Iintlanga ziwuphangile umhlaba wooyihlo; ewe, ziwubhukuqe zawuvuthulula.

[8]Ke yona iJerusalem isele yodwa jwi! Seyifana nephempe esidiliyeni; seyingathi linqugwala emasimini, nqwa nesixeko esingqingiweyo.

[9]Kambe ke uNdikhoyo uSomandla-onke, ukuba ebengasishiyelanga qaqobana, besiya kusuka sifane neSodom; ewe, ngesitshabalele njengeGomora.

[10]Nalu udaba lukaNdikhoyo! Luveni, ziphathamandla zaseSodom; yiphulaphuleni imfundiso kaThixo, nani zima-mhlaba zaseGomora.

[11]Kaloku uNdikhoyo uyakhala ngawe, Sirayeli; uthi: "Ngawani ke ngoko la madini angakanana? Mna ndidikiwe ziinkunzi zeegusha ezitshiswayo. Ndanele nangamanqatha enyama etyebileyo. Andisalifuni igazi leenkunzi zeenkomo, nditsho nelamaxhwane eegusha neebhokhwe.

[12]Nide nize kum nje, nibizwe ngubani? Nisafuna ntoni apha kum? Hayi bo! Phezani ukuyixovula le nkundla!

[13]Andizifuni izipho namadini aphuthileyo, kwankqu nesiqhumiso senu siyanditsarha! Andinamdla kwiimbizo neentlanganiso zenu zokuthwasa kwenyanga noMhla wokuPhumla; amatheko anobugwenxa andikruqule.

[14] As vossas comemorações de lua nova e vossas festas fixas, Eu as tenho detestado. Tornaram-se um fardo repugnante para mim; estou cansado de suportar tais atitudes!
[15] Quando estenderdes as mãos, eis que esconderei os olhos de vós; e, ainda que multipliqueis as vossas orações, não mais as ouvirei, porquanto as vossas mãos estão condenadas, cheias de sangue inocente!
[16] Ide! Lavai-vos, purificai-vos! Tirai da minha vista as vossas muitas e más obras! Cessai imediatamente de praticar o mal,
[17] aprendei a fazer o bem! Buscai o direito, corrigi o opressor!
[18] Então, sim, vinde e arrazoemos, diz Yahweh; ainda que os vossos pecados sejam como o escarlate, eles se tornarão alvos como a neve; ainda que sejam vermelhos como o carmesim, se tornarão brancos como a lã.
[19] Se quiserdes e me ouvirdes, comereis o melhor desta terra.
[20] Contudo, se recusardes e fordes maldosos e rebeldes, sereis todos devorados à espada; porque a boca do SENHOR o disse!
[21] Ai, ai, vede como a Cidade Fiel se tornou uma prostituta! Sião, onde antes prevalecia o direito e habitava a justiça, agora está cheia de assassinos!

[14]“Ndiyawenyanya onke amatheko enu; nditsho nala okuthwasa kwenyanga. Kaloku ngoku asuke aluxanduva, ndaye ke ndidiniwe kukuluthwala.
[15]“Nakukhongozela ngezandla nizibika, mna ndosuka ndiwavale amehlo am. Noba ningade nibhomboloze, andiyi kunikhathalela mpela; kaloku izandla zenu zinkone ligazi.
[16]Khanizicoce nibe nyulu! Yahlukanani nale mikhwa ingcolileyo; yekani ukwenza izinto ezinje; mandingaze ndiphinde ndizibone.
[17]Khanifunde ukwenza okusesikweni; zonke izinto zenzeni ngokomthetho. Khaninyenyise ngakubantu abacinezelekileyo; kanti neenkedama zilungiseleleni; ngokunjalo nimbonelele nomhlolokazi.”
[18]Ewe, uNdikhoyo uthi: “Yizani, khe sithetha-thethane. Noba sewudyobheke wankone sisono, mna ndokuhlambulula utsho ube msulwa; kanti nokuba sewuyinyhuku-nyhuku, mna ndiya kukwenza ube mhlophe qhwa.
[19]Ukuba niyavuma ukundithobela, ningabuxhamla ubuncwane beli lizwe.
[20]Kambe ke xa ningafuni, nindivukela, niza kusuka nibe lixhoba lekrele. Nditshilo nje ke mna Ndikhoyo, nditshilo!”

Imeko yeJerusalem

[21]Ewe, kambe, sixekondini! Kade uyinzwakazi ngesimo, kodwa xa kunamhlanje-nje, ungumadod' onke. Wawufudul' uphuphuma lucwangco; ngenene wawulikhaya lamalungisa; ke namhlanje ulikhaya lezikrelemnqa.

[22] Toda a sua prata virou escória, seu vinho nobre ficou aguado.

[23] Seus líderes se rebelaram, mancomunados com ladrões; todos eles amam o suborno e estão sempre à busca de presentes e recompensas materiais. Eles jamais defendem os direitos do órfão, e não dedicam a menor atenção à causa da viúva.

[24] Por isso mesmo o Soberano, Yahweh dos Exércitos, o Forte de Israel, proclama: "Ai de ti! Eu derramarei a minha ira sobre os meus adversários e me vingarei dos meus inimigos!

[25] Voltarei a minha mão contra ti, purificarei todas as tuas impurezas.

[26] Farei que os teus juízes sejam restaurados e julguem corretamente como no passado; farei voltar os teus bons conselheiros, como no princípio. Quando isso se der, então sim, te chamarão Cidade da Justiça e Cidade Fiel!"

[27] Sião será redimida mediante a verdade, e com justiça os que se arrependerem.

[28] Contudo, quanto aos rebeldes, malvados e pecadores, estes serão exterminados e os que desprezam o SENHOR, perecerão.

[29] Com efeito, vos envergonhareis dos carvalhos que sagrastes e a eles tens dedicado a vossa veneração; ficarão, pois, decepcionados com os jardins que escolhestes para consagrar.

[22]Kaloku wawukade ucwenge njengesiliva, kodwa ngoku sewuphuthile. Wawufana newayini eyondeleleneyo, kambe namhlanje sewungumngxengwa.

[23]Iziphathamandla zakho zizibhoja, abafo abalala ngangubo-nye namatutu. Bathwangekile kukufun' izipho nezicengo; abaziinkedama abanaxesha labo, kanti nabahlolokazi abazidubi ngabo.

[24]Ngoko ke nanku umlomo kaNdikhoyo – nditsho uNdikhoyo uSomandla-onke, iNgangalala kaSirayeli – uthi: "Ngoku ndiza kukhe ndiphuncule kwiintshaba zam; ewe kaloku, ndiza kuziphindezela.

[25]Ngoku ndiza kuthatha amanyathelo aqatha: ndiza kunikhama ndinicwenge oku kwesinyithi; ndiza kubukhupha buphele tu ububi kuni.

[26]Kaloku ndiya kunibuyisela abalawuli njengantlandlolo, ndinimisele izithwala-ndwe njengamandulo. Kuya kwandula ke kuthiwe ungunobulungisa, ngenene ube ngunontembeko."

[27]IJerusalem iya kuhlangulwa bubulungisa bukaThixo. Baya kusinda ke bonke abaguqukayo.

[28]Kambe ke baya kutshabalala bonke abavukeli-mbuso nabanxaxhayo; ewe, uNdikhoyo uya kubabhubhisa bonke abakreqi.

[29]Ngoko ke nosuka nibe manyonywana ngenxa yale mithi yemioki niyinqulayo, ngokunjalo nayiloo miyezo yamanyundululu.

[30] Porquanto sereis como um terebinto cujas folhas estão murchas e caem, do mesmo modo que acontece às plantas em um jardim sem água.
[31] O homem forte se tornará em estopa, e a sua obra como uma fagulha; ambos arderão juntamente, e não haverá quem apague o fogo!"

[30]Kaloku niya kufana nemioki etshazileyo; niya kuba matwa negadi engankcenkceshelwayo.
[31]Njengoko nengca itshiswa nayintlantsi le, nawo ke amagorha aya kutshabalala. Ewe, aya kubhujiswa yimisebenzi yawo, ibe ke akukho uya kulamla.

Isaías 2

A glória futura do verdadeiro Israel. Juízos preparatórios. O dia do Senhor. A purificação de Jerusalém

[1] Eis, portanto, a visão que Isaías, filho de Amoz, recebeu acerca do futuro de Judá e Jerusalém:

[2] Nos últimos dias o monte do templo do SENHOR será estabelecido como o principal; será elevado acima das colinas, e todas as nações correrão para ele,

[3] muitos povos virão, exclamando: "Vinde, subamos ao monte de Yahweh, à casa do Deus de Jacó, para que ele nos instrua a respeito dos seus caminhos e assim andemos nas suas veredas!" Com efeito, de Sião sairá a Torá, a Lei, e de Jerusalém virá a Palavra de Yahweh.
[4] Ele julgará entre as nações e solverá as contendas de muitos povos; e estes converterão suas espadas em lâminas de arado, e as suas lanças, em foices; uma nação não mais levantará sua espada contra outra nação, nem será necessário que se preparem para batalhas.
[5] Ó descendência de Jacó, vinde, pois, e andemos na Luz de Yahweh!

UIsaya 2

Uxolo olungaphele ndawo

(Mika 4:1-3)

[1]Olu ludaba olwatyhilelwa uIsaya unyana ka-Amozi ngokuphathelele kuJuda neJerusalem:
[2]Ke kaloku ngemihla yokugqibela intaba emi kuyo indlu kaNdikhoyo iya kuba yeyona ibalaseleyo, izikrobele zonke iinduli; nezizwe zonke ziya kugxalathelana ukuya kuyo.

[3]Ewe, abantu abaninzi baya kuza, bathi: "Yizani siye entabeni kaNdikhoyo, endlwini kaThixo kaYakobi. Yena wosifundisa iindlela zakhe, ukuze thina sihambe ngazo." Kaloku umthetho wophuma eZiyon, liphume eJerusalem ilizwi likaNdikhoyo.

[4]Nguye oya kugweba phakathi kwezizwe, abe ngumlamli phakathi kweentlanga ngeentlanga, wona amakrele azo ziwenze amakhuba, yona imikhonto ibe zizitshetshe zokuthena imithi. Kaloku izizwe soze ziphinde ziqulelane ngamakrele, zingasayi kuze ziphinde ziyiqeqeshelwe imfazwe.
[5]Ngoko ke, nzala kaYakobi, yizani sihambe ngokukhanya okuvela kuNdikhoyo!

Abaziphakamisayo baya kutshitshiswa

6 Certamente rejeitaste o teu povo, a Casa de Jacó, porquanto os descendentes de Israel se encheram de superstições adquiridas dos povos pagãos do leste, o Oriente; e ainda praticam adivinhações como os filisteus e celebram alianças com pagãos.

7 A sua terra está repleta de prata e ouro, e seus tesouros são inesgotáveis; a tua terra está cheia dos melhores cavalos e os seus carros de guerra são incontáveis.

8 Sua terra também está cheia de ídolos. Eles se inclinam em adoração diante da obra das suas próprias mãos, reverenciando o que os seus dedos produziram.

9 Por esse motivo a humanidade será exterminada e o ser humano humilhado. Portanto, peço-te, ó Deus, não os perdoes!

10 Vai, pois, entra no meio das rochas e esconde-te no pó, ante o terror do SENHOR e a glória da sua majestade.

11 Os olhos dos arrogantes serão humilhados e a soberba da humanidade será destruída; naquele Dia somente Yahweh será exaltado!

12 Porque Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, tem um dia reservado para todos os presunçosos e arrogantes, para tudo e todos que exaltam a si mesmos, para que sejam rebaixados;

13 contra todos os cedros do Líbano, altaneiros e orgulhosos e todos os carvalhos de Basã;

14 contra todos os outeiros elevados e todas as colinas elevadas;

6Kambe ke wena, Thixo wethu, ubalahlile abantu bakho, nditsho indlu kaSirayeli! Kaloku bathene nca nezangoma – ezasempuma nezo zaseFilistiya – bayavumisa batsho ngehlombe bekunye neentlanga.

7Nelizwe labo liphuphum' isiliva negolide; ubutyebi babo abunambaliso. Nomhlaba wabo uzele ngamahashe; yinyambalala iinqwelo zabo zemfazwe.

8Awu! Asiyomifanekiso kwilizwe labo! Kaloku bakhahlela kwaizinto ezenziwe kwangabo; banqula umsebenzi wezandla zabo.

9Ewe, uluntu luphuthile, ngenene abantu bahlazekile. Ngoko ke ungaze ubaxolele!

10Ke bona baya kuzifaka emaweni, bazimele baziqhusheke nasemhlabeni, kuba besoyika ingqumbo kaNdikhoyo, bebaleka ukukhazimla kobungangamsha bakhe.

11Ikratshi lomntu lihlalele ukuphuthiswa, nokukhukhumala kwakhe kuthotywe. Ngaloo mini ke nguNdikhoyo yedwa oya kubalasela.

12Kaloku uNdikhoyo onamandla onke uwumisile umhla wembubho; baya kuthi shuu abanekratshi nabaziphakamisayo, nditsho abaqwanyileyo nabaqhoshayo.

13Uya kuyincothula naloo misedare mide yaseLebhanon, ayitoncule naloo mioki yaseBhashan.

14Uya kuzibhukuqa neenkaba-nkaba zeentaba, azilebele neencochoyi zeenduli.

[15] contra toda a torre imponente e contra toda a muralha fortificada;

[16] contra tudo o que parece comercialmente valioso e todo barco de luxo.

[17] Portanto, a arrogância do ser humano será abatida, e a sua presunção será aniquilada. Somente Yahweh, o SENHOR, será exaltado naquele Dia.

[18] Os ídolos desaparecerão inteiramente,

[19] Os homens tentarão se esconder nas cavernas das rochas e em buracos feitos na terra, por causa do terror que vem de Yahweh acompanhado do esplendor da sua majestade, quando o SENHOR se levantar para fazer tremer a terra.

[20] Naquele dia os homens atirarão aos ratos e aos morcegos todos os ídolos de prata e de ouro que lhes fizeram para a sua veneração,

[21] refugiando-se nas cavernas das rochas e nas fendas dos penhascos, diante da presença poderosa de Yahweh e diante do magnífico esplendor da sua majestade, quando se levantar para sacudir toda a terra.

[22] Sendo assim, desisti de acreditar no ser humano, cuja vida não passa de um sopro em suas narinas. Afinal, que valor tem o homem?

Isaías 3

[1] Vede! O Eterno, Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, em breve irá tirar de Jerusalém e de Judá todo o seu bordão e cajado; seu sustento, tanto o suprimento de alimentos como a provisão de água,

[15]Andisathethi ke ngeembongiselo eziziinkelekethe. Koba njalo ke nakuzo zonke iinqaba.

[16]Iinqanawa zokurhweba wozitshonisa, ade antywilisele nezakhiwe ngobugcisa.

[17]Ewe, ikratshi lomntu liya kuphuthiswa, nokukhukhumala kwakhe kuthotywe, ngaloo mini ibe nguNdikhoyo yedwa obalaseleyo.

[18]Ngenene ke yona imifanekiso iya kubhujiswa!

[19]Ke bona abantu baya kungena emiqolombeni, baziqhusheke nditsho nasemingxunyeni, bezimela ubuqaqawuli bobungangamsha bakhe ekufikeni kwakhe eze kuwurhwaqelisa umhlaba.

[20]Ngaloo mini abantu baya kuyilahla imifanekiso yabo yesiliva neyegolide, nditsho leyo bayenzele ukuyinqula. Ewe, yoba lixhoba leempuku namalulwane.

[21]Ke bona baya kungena emiqolombeni, bazifake ezimfanteni ezawaneni, bebaleka ingqumbo kaNdikhoyo, bezimela ubuqaqawuli bakhe ekufikeni kwakhe eze kuwurhwaqelisa umhlaba.

[22]Ngoko ke musa ukukholosa ngomntu; kuxa engubani ekrobo-krobo nje!

UIsaya 3

Umbhodamo eJerusalem

[1]Nanko ke uNdikhoyo onamandla onke! EJerusalem nakwaJuda ubhubhisa yonke into okwakuyinkxaso nesixhaso. Uza kutshayela kuthi tu ukutya ngokunjalo namanzi.

[2] e também o herói nacional, o soldado, o juiz e o profeta, os adivinhos e os ocultistas, o ancião e as autoridades,

[3] o capitão e o nobre, o conselheiro, o conhecedor de encantamentos e todos aqueles que praticam qualquer tipo de magia.

[4] Dar-lhe-ei jovens por príncipes; adolescentes imaturos governarão sobre eles.

[5] O povo oprimirá a si mesmo: a humanidade contra a própria humanidade, cada homem contra o seu próximo. O jovem se levantará contra o idoso, o desprezível contra o nobre.

[6] Um homem qualquer agarrará o seu irmão, um parente da família do seu pai e lhe rogará: “Tu tens um manto, pelo menos; pode ser, portanto, nosso líder; esta ruína toda ficará sob o teu governo!”

[7] Contudo, naquele dia ele exclamará: “Ora, não tenho remédios comigo e em minha casa não há pão nem agasalhos. Portanto, não me faças governar o povo!

[8] Porquanto Jerusalém tropeçou e Judá caiu; sua palavras e atitudes são todas contra o SENHOR, desafiando a sua presença majestosa.

[9] O seu próprio semblante testifica contra eles; e revelam os seus pecados como Sodoma, sem nada esconder. Ai da vida deles! Porquanto mediante suas obras atraíram desgraça sobre si mesmos.

[2]Asisathethi ke ngamagorha namajoni, abagwebi kwakunye nabashumayeli, oosangoma ngokunjalo neenkunkqela,

[3]iingqwayi-ngqwayi zomkhosi noosomaqhuzu, amaphakathi nawo onke amachule, abakhafuli kanti nabemilingo.

[4]UNdikhoyo uya kubayekela abantu balawulwe ngamakhwenkwe, amagosa abo abe ngabantu abangenankathalo.

[5]Kaloku abantu baya kuxhaphazana, ibe nguwashiywa nowashiywa, nakubamelwane kube kwanjalo, nabantwana bangabahloneli abadala, nabaphantsi bangazikhathaleli izihandiba.

[6]Ewe, liyeza ixesha apho abendlu enye baya kunyanzelana bathi: “Ngokuba wena unawo nomnweba ngoko ke sikhokele kuwo lo mbodamo.”

[7]Kambe ke lowo uya kuphendula athi: “Hayi, ndiyekeni, andinako mpela mna. Ndiyimpula kalujaca; andinakutya nazambatho; ngoko ke andinako ukunikhokela.”

[8]Kaloku iJerusalem iyafadalala nelakwaJuda livuthulukile. Kaloku ukuthetha nokwenza kwabo kusoloko kuchasene noNdikhoyo. UThixo bamdelile; abamazele nto mpela.

[9]Ubutyala babo abufihlakali; kaloku banjengeSodom, badlisela ngokona. Futhi ke abanazazela ngaloo nto; ewe, kunyembelekile kubo! Isikhuni sibuye nomkhwezeli.

[10] Proclamai aos justos que tudo lhes correrá bem; pois se alimentarão do fruto do seu proceder.
[11] Mas ai do ímpio! Do homem que pratica o mal. Tudo lhe irá mal. Eis que será tratado na mesma medida de suas ações malignas.
[12] Os opressores do meu povo são adolescentes e as mulheres os governam como desejam. Ah, povo meu! Os teus dirigentes te desencaminham com mentiras, te confundem acerca do caminho em que deves andar.

[13] Yahweh levantou-se em seu lugar no tribunal; e passará a julgar todos os povos!
[14] Agora, Yahweh entra em julgamento contra os anciãos, príncipes e líderes do seu próprio povo, declarando: "Fostes vós que pusestes fogo à vinha; o despojo tirado dos necessitados está nas vossas casas.
[15] Que direito tens de esmagar e arruinar o meu povo; onde pensais chegar moendo o rosto do pobre?" Quem vos interroga é Yahweh, o SENHOR dos Exércitos!

[16] Eis que diz o SENHOR: "Por causa da presunção das mulheres de Sião, que caminham orgulhosas, de cabeça erguida, mas flertando com os olhos, desfilando com passos curtos, fazendo tilintar argolas e enfeites atraentes em seus calcanhares,
[17] o SENHOR rapará a cabeça das mulheres de Sião; o SENHOR porá a descoberto as suas vergonhas!"
[18] Naquele dia, o Eterno arrancará os enfeites delas: as pulseiras, as testeiras e os colares;

[10]Kambe ke, hayi inyhweba yâbo balungisayo! Bona baya kuxhamla iziqhamo zemisebenzi yabo.
[11]Kodwa ke kunyembelekile ngakwizikhohlakali, kuba zojikelwa kwazizenzo zazo.

[12]Abantu bam baxhatshazwa naziimveku, bade balawulwe nangabafazi. Ewe, lusapho lwam, iinkokheli zenu ziyanintlokothisa; senide nadideka, anayazi nemaniyenze.

Intlekele kwelakwaJuda

[13]Ngoku uNdikhoyo uzimisele ukuxoxa; seleza kugweba iintlanga.
[14]Ewe, uza kuwisa isigwebo kumadod' amakhulu nakumatshawe. Nasi isityholo asimisayo: "Nini abanqwamze isidiliya, nemizi yenu iyaphuphuma zizinto eniziphange kubantu abahlelelekileyo.
[15]Ngani ukuba nibaxushe abantu bam? Ngani ukuba niwaxhaphaze amahlwempu? Lumkani ke, kuba ndithethile mna Ndikhoyo onamandla onke."

Isilumkiso kumabhinqa aseJerusalem

[16] UNdikhoyo uyathetha, uthi: "Asikratshi kubafazi baseJerusalem! Bafathula nje, beqhiwul' iintamo. Ungafika belaqaza, becel' injezu. Ewe, nâbo bechul' ukunyathela, bekrocozisa loo miliza yabo.
[17]Ewe, ndiza kubagugula iinwele, ndibarhawule ngesikhakh' entloko, batsho ngaloo mabunzi achengezelayo."
[18]Ewe, uyeza umhla apho iNkosi iya kubohlutha konke abazidla ngako abafazi baseJerusalem – nditsho loo miliza

[19] os pingentes, os braceletes e os véus,

[20] os enfeites de cabelo, os turbantes, os adornos de tornozelo, os cintos, os talismãs e os amuletos;

[21] os anéis e os enfeites para o nariz;

[22] as roupas caras, as capas, as mantilhas, e as bolsas;

[23] os espelhos, as roupas de linho fino, as tiaras e os xales.

[24] Em lugar de bálsamo perfumado haverá mau cheiro; em vez de belos cintos, apenas uma corda rota; em lugar de lindos penteados, apenas uma cabeça raspada, em vez de roupas finas, vestes de tristeza e lamento; em lugar de belos rostos e corpos, marcas de ferro em brasa e cicatrizes.

[25] Os teus homens cairão ao fio da espada; seus guerreiros encontrarão a morte na guerra.

[26] As portas de Sião se lamentarão horrorizadas e prantearão em luto por causa dessa assolação, e sem mais nada, a cidade se prostrará ao chão.

Isaías 4

[1] E naquele dia, sete mulheres agarrarão um homem e lhe rogarão: “Eis que comeremos do nosso próprio pão e nos vestiremos às nossas custas; apenas tomai-nos por tuas esposas para que sejamos chamadas pelo teu nome. Livra-nos da nossa humilhação de ficarmos solteiras!”

bayinxibayo, naloo malaphu bawathwalayo, amaso ngokunjalo,

[19]neebhengile namacici. Iya kuzisusa izigqubuthelo zabo,

[20]iminqwazi, izacholo zamaqatha, imitya ehonjisiweyo esinqeni, amaso anesiqholo, kunye namakhubalo.

[21]Iya kuyohlutha naloo misesane bayifaka eminweni nasezimpumlweni,

[22]nditsho zonke iingubo, imiwundu-wundu neelokhwe, ngokunjalo nezipaji,

[23]nezipili. Iya kuthatha nezo lokhwe zabo zicikiziweyo, iitshefu zelinen nezikhafu, naloo malaphu bagquma iintloko ngawo.

[24]Mh-mh-mh, kuthi khaphu! Kaloku abasaziqholi! Ngoku abasenabhanti; babhinqa ngeentsontela. Neenwele zigugulwe; asiyonkqayi; yehaa! Abasenalokhwe ngoku, bayadlakazela. Ubunzwakazi babo sebukukuhlazeka.

[25]Okwakungamadoda esixekweni apho, nditsho namagorha la embala, akayi kubuya emfazweni.

[26]Ewe, namasango esixeko ngokwawo osuka ahlahlambe agixe, nesixeko ngokwaso sofana nomfazi othe bhaxa phantsi ngengub' esele.

UIsaya 4

[1]Ke kaloku abafazi abasixhenxe bobambelela ndodeni-nye, bathi: “Sinako ukuzixhasa ngokutya nempahla yokunxiba; kambe ke into esiyicelayo kukuba sibizwe ngegama lakho, ukuze siphume ehlazweni.”

Ikamva leJerusalem

[2] Vem o Dia em que o Renovo de Yahweh, o SENHOR, será belo e glorioso, e o Fruto da Terra será a felicidade e a glória dos sobreviventes de Israel.

[3] E aqueles que restarem em Sião e permanecerem em Jerusalém serão chamados santos, isto é, todo o que estiver inscrito para viver em Jerusalém.

[4] Quando Yahweh tiver lavado a impureza das filhas de Sião e limpado o seu sangue do meio de Jerusalém mediante o Espírito de julgamento e do Espírito de fogo todo o sangue derramado em Jerusalém,

[5] Yahweh ordenará que se forme sobre todo o monte Sião e sobre aqueles que se reúnem naquela área uma nuvem de dia e um fumo denso com clarão de chamas de fogo durante a noite. A Glória tudo cobrirá como um grande abrigo,

[6] será uma cobertura e sombra para o calor do dia, e um refúgio aconchegante e seguro contra as intempéries e a chuva.

Isaías 5

A parábola da vinha e a sua aplicação

[1] Eis que cantarei ao meu amado amigo o seu poema a respeito da sua vinha: O meu amigo teve uma vinha na encosta de uma bela e fértil colina.

[2] Ele cavou a terra com zelo, tirou as pedras e plantou as melhores videiras. Ergueu uma torre de sentinela e também construiu um tanque de prensar uvas. Ele tinha grande expectativa de colher uvas muito boas, mas as parreiras só produziram uvas bravas.

[2]Ngelo xesha ke ihlumelo eliveliswe nguNdikhoyo liya kukhula ligabadele libe lihle gqitha. Ke imveliso yomhlaba iya kuba ligugu nebhongo kuloo maSirayeli asindileyo.

[3]Elo qaqobana labantu abachongwe nguThixo basala eJerusalem bokwaziwa ngokuba ngabantu bakaThixo ncakasana.

[4]Kaloku iNkosi iya kukuhlambulula ukungcola kwabafazi baseZiyon, iligutyule negazi eliphalele eJerusalem, nto leyo iya kuyenza ngoMoya wayo ogwebayo, uMoya wayo ovuthayo.

[5]Intaba iZiyon nabo bonke abakuyo uNdikhoyo uya kubagubungela ngelifu alidalileyo elirhuqayo emini, aze ngokuhlwa abakhanyisele ngedangatye eliqaqambileyo. Ewe, uThixo isixeko eso uya kusisitha asikhusele ngobungangamsha bakhe.

[6]Ngenene isixeko esi siya kuba semthunzini ngexa lasemini, sibe yinqaba sikhuseleke ezimvuleni nakwiinkqwithela.

UIsaya 5

Ingoma engesidiliya

[1]Makhe ndintyiloze ndivum' ingoma, ingoma ngogxa wam nesidiliya sakhe. Ugxa wam wayenesidiliya kwinduli echuma kunene.

[2]Wawuphethula umhlaba, wawageqa amatye, waza watyala idiliya yodidi. Kwalapho wakha nemboniselo; ngokunjalo wenza nesixovulelo. Waza ke wanqumama ekholosile; suka ke zona iidiliya zavela zingezizo.

[3] “Agora, pois, ó habitantes de Jerusalém e homens de Judá, julgai, rogo-vos, entre mim e minha vinha.

[4] Que mais se podia fazer ainda à minha vinha, que eu lhe não tenha oferecido? E como, esperando eu que desse uvas doces, veio a produzir uvas azedas?

[5] Agora, portanto, vos farei saber o que pretendo fazer à minha vinha: derrubarei a sua cerca para que ela seja transformada em pasto; porei abaixo o seu muro a fim de que seja toda pisoteada.

[6] Farei dela um terreno baldio; não será podada nem capinada; espinheiros e ervas daninhas crescerão nela. Semelhantemente ordenarei às nuvens que não mais derramem uma gota de chuva sobre ela!”

[7] Pois a vinha de Yahweh, o SENHOR dos Exércitos é a nação de Israel, e os homens de Judá são a plantação que ele amava. Ele ansiava por justiça, mas houve apenas derramamento de sangue inocente; esperava pela prática do direito, mas o que viu foi o povo clamando por socorro!

[8] Ai dos que ajuntam casas e mais casas, dos que acrescentam um campo a outro, até que não haja mais onde alguém possa erguer sua casa, e eles se tornem os senhores absolutos da terra!

[9] Eis que o SENHOR dos Exércitos me falou claramente aos ouvidos: “Em verdade, muitas casas ficarão desertas, até as mais

[3]“Athi ke, nina bemi baseJerusalem, ngokunjalo nani, bantu bakwaJuda! Ndiyanibongoza, khanahlule phakathi kwam nesidiliya sam.

[4]Ngaba yintoni endingasenzelanga yona? Yiyiphi enye into engendisenzele yona? Ngaba uphi undonakele? Kaloku mna ndithe ndijonge iidiliya, suka sona savelisa ezingezizo.

[5]Phulaphulani ke, mna ndinixelele, nantsi into endiya kusenza yona: ndoyisusa loo nto ndisibiyele ngayo, sitsho sibe sisisulu sokubhuqwa; ndiya kuzidiliza iindonga ezisibiyeleyo, imidiliya ibe sisisulu sokunyathelwa.

[6]Ndosiyeka nje, side sibe lifusi; isidiliya singàthenwa, singàhlakulwa, sikhule utshungu nenkunzane. Namafu ngokwawo ndowagunyazisa ukuze angasiphatheli namvula.”

[7]Isidiliya sikaNdikhoyo onamandla onke yindlu kaSirayeli; ewe, esi sidiliya ngamaJuda, wona angumyezo oligugu lakhe. Yena walindela okusemthethweni kuwo, suka wona ee dyubhu ngobutyadidi begazi! Wayelindele ubulungisa kuwo, suka yasisijwili sokuzibika!

Isohlwayo ngenxa yobundlobongela

[8]Kunyembelekile ke kuni, kuba nithatha imizi ninemizi. Nongeza amasimi, ninawo amasimi, nifunzel' ukugqiba konke tu, ibe nini nodwa abemi kweli lizwe.

[9]Ndimvile uNdikhoyo onamandla onke; ewe, ufunge wathi: “Ngenene la mapomakazi ezindlu ndowatsho akhal'

amplas, bonitas e bem construídas, serão abandonadas por seus moradores.

10 Uma vinha de dez alqueires só conseguirá produzir um pote de vinho, um barril das melhores sementes produzirá apenas uma arroba de trigo!”

11 Ai dos que se levantam cedo para embriagar-se, e quando a noite cai ainda buscam se aquecer embebedando-se mais!

12 Liras e harpas, tamboris, flautas e vinho há sempre em suas festas; contudo, desprezam os grandes feitos de Yahweh, tampouco observam as poderosas obras das suas mãos.

13 Portanto, o meu povo será levado cativo ao exílio, por falta de sabedoria; os seus nobres passarão fome e a multidão se secará de sede.

14 Por este motivo, o Sheol, a sepultura aumentou o seu apetite e escancara a sua boca. A morte levará para seu interior todo o esplendor da cidade e a sua riqueza, a agitação das pessoas, do comércio, e todos quantos nesse meio se divertiam.

15 E assim, as pessoas serão humilhadas, e a humanidade se curvará aviltada.

16 Mas Yahweh, o SENHOR dos Exércitos será exaltado em sua justiça; o Deus santo demonstrará a sua santidade em sua retidão.

17 Então ovelhas pastarão ali como em sua própria pastagem; cordeiros e nômades se nutrirão dos campos e das ruínas dos ricos lá abandonados.

ibhungane, neenzwakazi zemizi zoba ngamanxuwa.

10Kwisidiliya esiziindima ezilishumi kuya kuphuma umphanda wewayini kuphela, ize yona imbewu ezele ingobozi ivelise isitya sengqolowa kuphela.”

11Yeha! Kunyembelekile kuni, nina bavuka ekuseni, nisukelana notywala kube njeya; nina bajikeleza kude kube sebusuku, nide nibe zizinxada-nxada kukunxila!

12Kwezo ziyunguma sisigingci nehapu, umrhubhe nefluthi, ndawonye notywala; uNdikhoyo yena animkhathalele, nemisebenzi ayenzayo aniyihoyanga.

13Ngenxa yokuba bengaqiqi abantu bam baza kuthinjwa. Oomaqhuzu babo bofa yindlala, ngokunjalo nomndilili ufe lunxano.

14Ngoko ke elabafileyo libalambele; ewe, ingcwaba likhamise ng'aa, liza kuziqongqoloza izihandiba zaseJerusalem. Ngokunjalo nezihlwele ziya kutshona kulo, ingabi yongxolo ke, ibe yingxuba kaxaka!

15Abantu baya kuthotywa bawe bhaxa; abakhukhumeleyo baya kuhlazeka.

16Kodwa ke uNdikhoyo onamandla onke uphakanyiswa bubulungisa bakhe; ewe, yena uThixo onguYedwa wozicacisa ngobulungisa bakhe.

17Amatakane aya kutya kuloo mabhodlo, nawebhokhwe atsho afumane idlelo.

[18] Ai dos que se apegam à iniquidade, arrastando-a com as cordas do engano, e ao pecado com os tirantes de carroça,

[19] e ainda exclamam: "Que Deus apresse a realização da sua obra a fim de que a possamos contemplar! Que se cumpra o plano do Santíssimo de Israel para que o conheçamos."

[20] Ai dos que usam o mal como sinônimo de bem e chamam o bem de mal, que fazem das trevas luz e da luz, trevas, do amargo, doce e do doce, fel!

[21] Ai dos que são sábios a seus próprios olhos e inteligentes na sua própria opinião!

[22] Ai dos que são valentes para beber muito vinho e mestres em misturar bebidas fortes,

[23] que absolvem o ímpio mediante suborno e negam ao inocente a sua justiça!

[24] Por isso, como a chama devora a palha, como o feno se incendeia e se consome, do mesmo modo a sua raiz se reduzirá a mofo, a sua flor será carregada pelo vento como o pó; porquanto rejeitaram os mandamentos de Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, desprezaram a Palavra do Santíssimo de Israel.

[25] Por este motivo inflamou-se a ira de Yahweh contra o seu povo; ele estendeu a sua mão e feriu toda a sua gente. Os montes tremeram e os seus cadáveres jazem no meio das ruas como lixo. Com tudo isso não se amainou a sua ira, a sua mão continua erguida.

[18]Lusizi lodwa kwabarhuqa ukona ngomnxeba wokuxoka, abo balandelwa sisono ngathi basirhuqa ngentsontela,

[19]abo bathi: "UThixo makakhawulezise; makangxame enze sibone kaloku. Masifike isicwangciso sikaYedwa kaSirayeli, ukuze nathi sibe nokusiqonda."

[20]Kulusizi kwabathi ububi kokuhle, nakwabo bathi okuhle bububi; nditsho abathi ubumnyama kukukhanya, bajike bathi ukukhanya bubumnyama. Bona ekrakrayo bathi imnandi, ukanti emnandi bathi iyakrakra.

[21]Kunyembelekile kwabo bazicingela ukuba bazizilumko; nditsho abo bazicingela ukuba bandwebile.

[22]Yeha ke nina, makroti asetywaleni, nina bangamachule okuxuba utywala;

[23]nditsho nina bamkhululayo onetyala, ngenxa yokuba nifumene isicengo, nina babugqwethayo ubulungisa komsulwa!

[24]Ngoko ke niya kufana nomququ, wona ulencwayo lidangatye; nani niya kuba njengengca, yona ishwatyaniswayo ngumlilo. Niya kusuka nibole iingcambu; intyatyambo yenu iya kuvuthuluka. Kaloku niyimangele ingqeqesho kaNdikhoyo onamandla onke, nalitshica ilizwi likaYedwa kaSirayeli.

[25]Ewe, uNdikhoyo uyalwa nabantu bakhe; wosuka abathi mpaka ngesandla sakhe! Ke zona iintaba zonyikima, izidumbu zibe yinkunkuma ezitalatweni. Naxa kunjalo nje usavutha ngumsindo; ewe, akajiki, uyalekuza.

[26] Ele levanta a bandeira como um sinal de convocação a uma nação distante e assobia chamando um povo dos confins da terra. Em seguida partem rapidamente, eis que estão chegando!

[26]UNdikhoyo uza kuxhokonxa isizwe esikude; uza kuntyontyela esiseziphelweni zehlabathi. Nâso ke sisiza sigxalathelana!

[27] No meio deles não existem cansados nem claudicantes, ninguém que desate o cinto dos seus lombos, ninguém que rompa a correia das sandálias.

[27]Amajoni aso akakhubeki, engadinwa; wona akozeli, akalali nokulala. Ezawo iibhanti azikhululeki, nemitya yeembadada zawo ayiqhawuki.

[28] As suas flechas são aguçadas e todos os seus arcos retesados, os cascos dos seus cavalos são duros como rocha, as rodas dos seus carros lembram um furacão.

[28]Iintolo zawo azibukhali, ziingcangula; ewe, ziinto ezihlala zityedile. Iimpuphu zamahashe – nyengane yakwabani! Ke wona amavili eenqwelo sisitshu.

[29] O rugido deles é como o do leão; rugem como leões jovens e ferozes; rosnam enquanto se apoderam da presa e a desmantelam e não há quem consiga livrá-la deles.

[29]Ziinto ezivungama okwengonyama; ewe, umgqumo wazo ngathi yingonyama entsha. Zigragrama zilithi xhwii ixhoba lazo, zilithi xhakamfu kungabikho unokulamla.

[30] Naquele dia, rugirão contra Judá com um rugido semelhante ao do mar revolto. E, se alguém olhar para a terra de Israel verá trevas e angústias; até a luz do dia será obscurecida pelas nuvens escuras.

[30]Ngaloo mini ke zibhavumla phezu kwalo, zitsho ngomgqumo ngathi lulwandle. Wothi wakukrwaqula ke kulo mhlaba ufike uyinkxwaleko nembonde-mbonde, ukukhanya kuginywe bubumnyama bamafu.

Isaías 6

Isaías é escolhido e consagrado para profeta

UIsaya 6

Ukubizwa kukaIsaya

[1] No ano em que faleceu o rei Uziáhu, Uzias, eu vi o Eterno sentado sobre um trono alto e exaltado. A aba do seu manto preenchia todo o templo.

[1]Ngonyaka awasweleka ngawo ukumkani u-Uziya, ndayibona iNkosi ihleli kwibhotwe layo eliphakamileyo nelizimasekileyo. Yayizithe wambu ngomnweba owawulurhululu lomwundu-wundu owalitsho lazala qhu elo pomakazi liyindlu yayo.

[2] Em torno dele posicionavam-se serafins. Cada um deles tinha seis asas: com duas cobriam o rosto, com duas cobriam os pés e com duas voavam.

[2]Yayiphahlwe zizithunywa ezimaphiko ngamathandathu. Ngasinye-ngasinye kuzo, isibini samaphiko sasigqume ubuso, isibini

[3] E, ao mesmo tempo, clamavam uns aos outros: "Santo, santo, santo, é Yahweh dos Exércitos, eis que toda a terra está plena da glória do SENHOR!"

[4] Ao som das suas vozes os batentes das portas tremeram e o templo ficou repleto de fumaça.

[5] Então bradei eu: "Ai de mim, não tenho salvação! Porquanto sou um homem de lábios impuros e vivo no meio de um povo de lábios impuros; e os meus olhos contemplaram o Rei, o SENHOR dos Exércitos!"

[6] Imediatamente um dos serafins voou até onde eu estava trazendo uma brasa viva, que havia tirado do altar com uma tenaz.

[7] Com ela tocou a minha boca e declarou-me: "Vê, isto tocou os teus lábios, a tua culpa será removida e o teu pecado está perdoado."

[8] Em seguida ouvi a voz do Eterno que chamava: "Quem hei de enviar? Quem irá por nós?" Ao que prontamente respondi: "Eis-me aqui, envia-me a mim!"

[9] Ele me respondeu: "Vai e dize a este povo: Podeis ouvir constantemente, mas não haveis de compreender; podeis ver e continuar a ver sempre, contudo jamais percebereis!

sambathise iinyawo, ukanti ke ngala mabini aseleyo sasiphaphazela.

[3]Zazikhwazana zixelelana zisithi: "Hay' isidima, ayisosidima, ayisosidima kuNdikhoyo uSomandla-onke! Ubungangamsha bakhe bulizalisile ihlabathi jikelele!"

[4]Ke kaloku eso sandi samazwi azo sazitsho zazama-zama iziseko zelo pomakazi; asisathethi ke ngomsi owawulapho, kuba wawubophe kulitsili nje!

[5]Suka ke mna ndadanduluka ndathi: "Athi ke mna, mntu uludwayi! Kuxa bendingubani kakade ndingumfi nje! Kaloku nokuthetha kwam kuvuza ukona, ibe ke ndimi phakathi kwabantu abathi bakuthetha kurhuq' ukona. Kambe ke naxa kunjalo, uKumkani onguNdikhoyo uSomandla-onke ndimbone ngala wam amehlo!"

[6]Sasuka ke esinye sezo zithunywa ezimaphiko saphaphazela seza kum, siphethe ilahle elivuthayo, esasilithathe ngesibambo phaya kwiqonga leziqhumiso.

[7]Safika sandirheca ngalo apha emlonyeni, saza ke sathi: "Uyabona ke, likurhecile nje ngoku eli lahle, buphelisiwe ubutyala kuwe, zaye ke nezono zakho zicanyagushelwe."

[8]INkosi ke yadanduluka yathi: "Yaz'ba ndiya kuthuma bani na? Ngubani ongaba sisigidimi sethu?" Ke mna ndiphendule ndathi: "Thuma mna; ndiyaya!"

[9]Ke yona yathi: "Yiya kwaba bantu, uthi kubo: " 'Niya kuphulaphula niphulaphule, ningaqondi noko; niya kujonga nijonge, kodwa ningaboni nto!'

[10] Embota o coração deste povo; torna esta gente incapaz de escutar os seus ouvidos e tapa-lhe os olhos. Que essas pessoas não enxerguem com os olhos, não consigam ouvir mediante os ouvidos, e não possam entender com o coração, a fim de que não recebam a conversão e se tornem sãos!"

[11] Diante disto indaguei: "Até quando, ó Eterno?" E ele respondeu: "Até que as cidades estejam em ruínas e sem habitantes, até que as casas fiquem abandonadas e os campos estejam absolutamente destruídos,

[12] até que Yahweh remova para terras distantes o seu povo e no seio da terra reine total solidão.

[13] E, se na terra ficar um décimo do povo, este tornará a ser devastado. Contudo, assim como o terebinto, o olmo e o carvalho quando são colocados abaixo, deixam apenas um pedaço do tronco no solo, assim a santa semente será o seu toco a brotar um novo começo!"

Isaías 7

Profecias contra Israel e Síria

[1] Quando Acaz, filho de Jotão e neto de Uzias, era rei de Judá, o rei Rezim da Síria, e o rei Peca, filho de Remalias, que governava Israel, resolveram atacar Jerusalém, todavia não conseguiram vencê-la.

[2] Um aviso foi enviado à casa de Davi de que Aram, a Síria, conseguira uma aliança com Efraim. Essa notícia fez com que os corações de Acaz e de todo o seu povo se agitassem,

[10]Iqhube yenjenje: 'Yenze gqathu-gqathu ingqiqo yaba bantu; iindlebe zabo uzivale zivingceke tu, namehlo abo ke uwavale mba, hleze babone ngamehlo abo, okanye beve ngeendlebe zabo, mhlawumbi baqiqe ngeengqondo zabo, nto leyo ke iya kubenza basuke beze kum banyangeke.' "

[11]Ndibuzile ke mna ndathi: "Koda kube nini na kunje, Mhlekazi?" Ke yena undiphendule wenjenje: "Izixeko zoda zibe ngamabhodlo; ewe, koda kukhal' ibhungane, imizi ingahlalwa bani mpela, nomhlaba ubhuqeke ube yinkangala.

[12]Ewe, xa bebonke ndiya kubafudusa, kulo mhlaba kusale kukwanti-zitshile.

[13]Noba kungakho mngqandanda usalayo, nawo ngokwawo uya kutshitshiswa kuthi tu! Kambe ke uya kufana nomterebhinte nom-oki, mithi leyo ivelisa ihlumelo yakugawulwa. Kananjalo ke isiphunzi sohlanga siya kuba nalo ihlumelo."

UIsaya 7

Udaba oluya kukumkani uAhazi

[1]Ke kaloku kwabakho imfazwe kwelakwaJuda ngethuba lokulawula kukakumkani uAhazi unyana kaYotam, umzukulwana kaUziya. URezin ukumkani wama-Aram , ekunye noPeka unyana kaRemaliya owayengukumkani wakwaSirayeli, bahlasela iJerusalem, kodwa babuya ze.

[2]Ukumkani wakwaJuda uthe akulufumana udaba lokuba imikhosi yama-Aram seyingxange kumhlaba wakwaSirayeli,

como as árvores da floresta agitam-se com vento forte.

[3] Então disse Yahweh a Isaías: “Sai e parte ao encontro de Acaz, tu juntamente com teu filho Sear-Jasube, que significa: Uns Poucos Voltarão. Encontrá-lo-ás no fim do aqueduto do açude Superior, na estrada que vai para o campo do Lavandeiro.

[4] Tu, então, lhe dirás: “Toma as tuas precauções, mas conserva a calma e não tenhas medo nem vacile o teu coração por causa do furor destes restos de lenha fumegantes: Rezim, a Síria e o filho de Remalias.

[5] Porquanto a Síria, Efraim e o filho de Remalias têm tramado a tua ruína, declarando:

[6] ‘Subamos contra Judá e provoquemos a cisão e a divisão em seu seio, em nosso benefício estabeleçamos como rei sobre ele o filho de Tav’al, Tabeel’”.

[7] Entretanto, assim diz Yahweh, o SENHOR: “Eis que isto não ocorrerá nem virá a acontecer!

[8] Pois a cabeça da Síria é Damasco, e a cabeça de Damasco é Rezim. Em sessenta e cinco anos Efraim ficará muito devastado para ser um povo.

[9] A cabeça de Efraim é Samaria e a cabeça de Samaria é o filho de Romalias. Se não o crerdes, não vos mantereis firmes!”

akoyika wangcangcazela, yena nabantu bakhe, okwemithi ishukunyiswa ngumoya.

[3] UNdikhoyo ke uthethe noIsaya wathi: “Hamba nonyana wakho uMasalela-obuya, uhlangabeze ukumkani uAhazi. Niya kudibana naye endleleni phaya kulaa ndawo basebenzela kuyo abasonti belaphu, ekupheleni kwalaa mjelo utsala amanzi kwelaa qula liphezulu.

[4]Yithi kuye: ‘Hlala uthe qwa uzole, ungabhuduzeli ube nevuso. Kaloku lo msindo kakumkani uRezin nama-Aram kunye nalo kakumkani uPeka unyana kaRemaliya ufana nje nokutsitsitheka komlilo weviti.

[5]Ama-Aram ekunye namaSirayeli phantsi konyana kaRemaliya baceba iyelenqe ngawe.

[6]Bathi: “Masilihlasele ilizwe lakwaJuda, silithathe sahlulelane ngalo, size simisele unyana kaTabhele abe ngukumkani.”

[7]Kambe ke iNkosi uNdikhoyo ithi: “ ‘Unotshe; soz' ihle loo nto! Hayi, into enjalo soze yenzeke tu!

[8]Kaloku intloko yama-Aram yiDamasko, ibe ke yona intloko yeDamasko nguRezin. Okokwakhe ke uSirayeli, kwisithuba nje samashumi amathandathu anantlanu eminyaka, uya kuvuthuluka kungasali nempunde le – ewe, buya kubhanga ubuzwe bakhe.

[9]Kaloku intloko yamaSirayeli yiSamariya, ibe ke yona intloko yeSamariya nguPeka unyana kaRemaliya. Kambe ke ukuba ithemba lakho alimilanga, soze ume.’ ”

Umqondiso ngoNkosinathi

[10] Então Yahweh enviou ao rei Acaz esta outra mensagem:

[11] "Pede um sinal miraculoso a Yahweh, o teu Deus, seja das profundezas do Sheol, seja das mais elevadas alturas!"

[12] Acaz, entretanto, respondeu: "Não pedirei nada, não colocarei Yahweh à prova!"
[13] Então falou Isaías: "Ouvi vós, todos os descendentes da Casa de Davi! Parece-vos pouco o fatigares e provares a paciência dos homens? Agora quereis também abusar da paciência do meu Deus?
[14] Pois sabei que o Eterno, o Senhor, ele mesmo vos dará um sinal: Eis que a virgem ficará grávida e dará à luz um filho, e o Nome dele será Emanuel, Deus Conosco!

[15] Ele se alimentará de coalhada e de mel até chegar à idade que saiba rejeitar o erro e escolher fazer o que é certo.

[16] Todavia, antes que o menino aprenda a rejeitar o mal e escolher o bem, a terra dos dois reis que você teme ficará deserta.'

[17] Yahweh trará o rei da Assíria sobre ti, sobre o teu povo e sobre a casa de teu pai. Serão dias como nunca houve desde que Efraim se apartou de Judá!"

[18] Naquele dia Yahweh assobiará convocando as moscas dos longínquos rios do Egito e as abelhas da Assíria.

[10] UNdikhoyo waqhuba wathi kuAhazi:

[11]"Yitsho kuNdikhoyo uThixo wakho akunike umqondiso, noba ngowasenzonzobileni kwelabafileyo okanye emajuku-jukwini phezulu."
[12]Ke kaloku uAhazi uphendule wathi: "Hayi, andiyi kuwucela umqondiso; andithandi kumlinga uNdikhoyo."
[13]UIsaya ke uphendule wathi: "Khawuphulaphule, ndlu kaDavide! Ngathi uyithatha kancinci into yokudinisa abantu! Ngoku sewufunzela ukukruqula noThixo wam lo?
[14]Ngoko ke yiNkosi ngokwayo eza kukunika umqondiso! Kaloku intombi ikhulelwe, ibe ke iza kuzala unyana, imthiye igama elinguImanuweli.
[15]Ke kaloku loo nkwenkwe iya kuthi xa seyikwazi ukukhetha phakathi kokubi nokuhle kube sekudliwa ngendeb' endala, ingamasi nobusi.
[16]Kambe ke lothi lingekafiki nelo thuba, ibe yona imihlaba yaba kumkani bakuphakuzelisayo seyikhal' ibhungane.
[17]"Wena nabantu bakho ndawonye nekomkhulu liphela uNdikhoyo uza kunizisela inkxwaleko engathethekiyo engazange yalanywe okokoko waqhekekayo umbuso kaSirayeli kowakwaJuda. Ewe, uza kunithumela ngokumkani wama-Asiriya.
[18]"Ngelo xesha ke uNdikhoyo uya kutsho ngomtyangampo wekhwelo, atsho amaJiputa ancothuke kwelikude kwiintlambo zomlambo iNayile, eze ngathi libubu leempukane. Kanti kananjalo nama-

Asiriya aya kuphuma kwelakowawo ebhubhuzela exel' iinyosi.

[19] Eis que chegarão e pousarão todas elas nos vales íngremes dos penhascos e nas fendas das rochas, sobre todos os espinheiros e sobre todos os bebedouros.

[19]Elo bubu ke liya kuyambathisa nje imixawuka ndawonye nemiqolomba emaweni phaya; ewe, liya kunwena lithandele nenameva imithi, lingashiyi nalinye idlelo.

[5] O meu coração roga e clama por Moabe! Os seus fugitivos vão até Zoar, até Eglate-Selisia. Em verdade, a multidão sobe a ladeira de Luíte aos prantos. Caminham pela estrada de Horonaim erguendo um clamor aflito diante da desolação,

[6] porquanto as águas de Ninrim secaram-se, a pastagem secou-se e a vegetação morreu; todo o verde simplesmente desapareceu!

[7] Eis a razão por que reuniram o que conseguiram salvar dos seus bens e o transportaram para além do ribeiro dos Salgueiros.

[8] Em verdade, o seu clamor espalhou-se por todo o território de Moabe; sua lamentação foi ouvida em Eglaim, e chegou até Beer-Elim.

[9] Com efeito, ainda que as águas de Dimom estejam totalmente tingidas de sangue, enviarei mais um castigo sobre Dimom: um leão atacará os sobreviventes de Moabe e avançará contra aqueles que permanecem em suas terras.

Isaías 16

[1] Enviai os cordeiros como tributo ao governante da terra de Sela, atravessando o deserto até o monte Tsión, Sião.

[2] Como pássaros em fuga, como ninhada dispersa, tais são os habitantes de Moabe nos lugares de passagem do Arnom.

[4]AmaHeshbhon namaElale ayabhomboloza; isikhalo sawo sivakala naseYahaza. Kubi, namajoni ngokwawo ayakhalaza; kaloku nawo ngoku angenwa yingevane.

[5]Ke mna ke ndikhalela iMowabhi, kuba abantu bayo babhacel' eZoware, basabele e-Egelati-sheleshiya. Nâbo bekhwina benyuka iLuti; benz' isimbonon' ukusing' eHoronayim, benesingqala ngenxa yentshabalalo.

[6]Intlanjana yeNimrim yona yome khonkqo, notyani ecaleni kwayo apho butshazile; ewe, akusekho hlaza, kome khwahla.

[7]Ubuntwana-ntwana ababuqwebileyo nâbo bexhakazela bebuphethe, besiya kuwela loo ngxingwa yemipampiri.

[8]Yintlokoma yesikhalo eMowabhi jikelele. Eso sililo sivakala nase-Eglayim; eso sijwili sifikelela naseBhere-elim.

[9]Emlanjeni kwisixeko saseDibhon namanzi ngokwawo abomvu ligazi. Kanti ke mna Thixo ndisaza kwenza izinto zamehlo: kuza kujub' ugodo kwaseleyo amaMowabhi!

UIsaya 16

Ukukekela kwemeko yamaMowabhi

[1]Nango amaMowabhi entlango kwisixeko iSela; ngoku athumela umrhumo: amatakane eegusha kwiziphathamandla eJerusalem.

[2]AmaMowabhikazi ayazula-zula; axel' intaka egxothwe endlwaneni yayo. Nango ephithizela kumazibuko eAnon.

[3] “Formai um conselho; tomai uma decisão. Em pleno meio-dia estende a tua sombra como a noite, esconde os dispersos, não reveles o paradeiro dos que fogem.

[3]“Izwe lifile, yizani kusophula! Sicela uncedo, khanisikhusele! Yibani njengomthunzi mhla ligqatsileyo. Besingoobani kakade siziimbacu nje! Hayi bo, sincedeni ningasingcothozi!

[4] Que os refugiados moabitas possam viver sob tua proteção; sê para eles fortaleza e abrigo contra o destruidor.” O opressor há de ser exterminado, a destruição terá fim e o agressor será eliminado da terra.

[4]Iimbacu zaseMowabhi maziphambukele kuni; sikhuseleni kulo mtshabalalisi.” Le ngcinezelo iza kubuya yethe, nale ntshabalalo iza kuphela, nomphembi-dushe aphel' emehlweni.

[5] Sendo assim, em compaixão será estabelecido um trono; em fidelidade um homem se assentará nele na Casa de Davi: um Juiz que batalha pela justiça e se apressa em defender o direito.

[5]Ngelo thuba ke kosekwa ubukumkani, bumiselwe ngothando olunezibele. Esihlalweni kongqendeva onyanisekileyo. Lowo ke woba ngowendlu kaDavide. Yena ke uya kulawula ngobulungisa, alangazelele ulungelelwano nocwangco.

[6] Ouvimos falar a respeito da arrogância de Moabe: da sua altivez sem limites, de todo o seu orgulho e do seu ódio; entretanto, tudo isso não tem valor algum.

[6]Sivile ngokuzikhukumalisa kwamaMowabhi, elingako lona ikratshi nendelelo; ewe, angade abe ucikekile likratshi, kodwa ke, akulele nto apho.

[7] Eis por que os moabitas choram por Moabe. Cada um se lamenta e se entristece pelos bolos de passas, doces recordações de Kir-Harésset.

[7]Myeke ke uMowabhi abhomboloze. Mabamthelele uMowabhi nabo balile; mabenze isililo nesijwili xa bekhumbula amaqebengwane aseKir-hareshete.

[8] Eis que as lavouras de Hesbom estão murchas, como também as videiras de Sibma. Os governantes das nações pisotearam as melhores videiras, que antes chegavam até Jazar e estendiam-se para o deserto. Seus brotos espalhavam-se por toda parte e chegavam até o mar.

[8]Amasimi aseHeshbhon ayadodobala, nezidiliya zaseSibhema zitshabalele. Amakhosi ezizwe azixangxathile izidiliya zodidi, zona fudula zifikelela eYazere, zenjenjeya zithi xhaxhe ngentlango, amasebe azo ethe gaa ngolwandle.

[9] Por este motivo derramo meu pranto, como Jazar chora, por causa das videiras de Sibma. Rego-te com as minhas lágrimas, Hesbom, e a ti, Eleale, pois os brados de alegria por seus frutos e por suas colheitas já não podem ser mais ouvidos.

[9]Ngoko ke ndilila kunye neYazere; ndiyakhala ngezidiliya zaseSibhema; ndiyinyhididi, Heshbhon nawe Eliyali. Ewe kaloku, isivuno asibonwa, imivuyo nemincili iyalambatha.

[10] Desapareceram a satisfação e a alegria dos teus pomares; ninguém canta nem grita nas vinhas; ninguém pisa as uvas nos lagares, porquanto fiz cessar os gritos de júbilo.

[11] Eis a razão porque as minhas entranhas gemem como a harpa por Moabe; o íntimo do meu ser estremece por Quis-Heres.

[12] Ver-se-á Moabe a fatigar-se sobre os lugares altos e a entrar no seu santuário para rogar, contudo, sem nada conseguir.

[13] Essa é, pois, a Palavra que Yahweh, o SENHOR já havia dirigido a Moabe.

[14] E agora Yahweh lhe diz assim: “Dentro de três anos, e nem um dia mais, como em um contrato de trabalho, a glória de Moabe e toda a sua grande população serão reduzidas a nada, e os sobreviventes serão poucos e fracos!”

Isaías 17

Profecia contra Damasco e Efraim

[1] Oráculo de advertência contra Damasco: eis que Damasco deixará de ser uma cidade; reduzir-se-á a um monte de escombros.

[2] As suas cidades, abandonadas para sempre, pertencerão aos rebanhos que ali se deleitarão, e ninguém os espantará.

[3] Efraim deixará de ser uma fortaleza, e Damasco uma realeza; o remanescente de Arã será como a glória dos israelitas, anuncia Yahweh, o SENHOR dos Exércitos.

[10]Amasimi akezi namihlali nalonwabo; ezidiliyeni ayisekho ingoma nemiyeyezelo. Ezixovulelweni akusekho baxovuli; imiyiyizelo yabavuni iphelile.

[11]Ngoko ke ndinesimbonono ngenxa yeMowabhi; ngenene ndihlahlamba njengesigingci, ngenxa yeKir-hareshete ndibindekile.

[12]AmaMowabhi aziduba nje ngokunyuka intaba esiya kunqula; yonke loo nto yinkcitha-xesha.

[13]Olu ludaba awaluthetha kwamandulo uNdikhoyo ngokubhekiselele kwiMowabhi.

[14]Kambe ke ngoku uNdikhoyo uthi: “Kwiminyaka emithathu yokunyamezela ubutyebi beMowabhi buya kuphel' emehlweni. Obu bunewu-newu naloo nyambalala yabantu konke kuya kutshabha, naloo mingqandanda isindileyo yoba ngamabhetye-bhetye.”

UIsaya 17

Udaba mayela neDamasko noSirayeli

[1]Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neDamasko: “Ke yona iDamasko ayisayi kuba sisixeko, yosuka ibe ziingqumba zamabhodlo.

[2]Izixeko zaseArohere zosala zize; kuphela zosala zilidlelo lempahla, futhi kungekho namntu uyiphazamisayo.

[3]KwaSirayeli zophela izixeko ezinqatyisiweyo, ke bona ubukumkani baseDamasko ngokunjalo namasalela aseSiriya oba yinto yezolo, ngathi ludumo lwamaSirayeli,” utsho uNdikhoyo uSomandla-onke.

[4] Naquele dia, sucederá que a glória de Jacó definhará e a gordura do seu corpo se esvairá.

[5] Tudo se passará como quando o ceifeiro colhe o trigo, quando os seus braços apanham as espigas; como quando chega a hora de reunir os feixes de trigo no vale de Refaim.

[6] Contudo, ainda ficarão para trás algumas espigas, como quando se sacode uma oliveira e sobram duas ou três azeitonas presas nos galhos mais altos e umas quatro ou cinco nos ramos mais produtivos, anuncia Yahweh, o Deus de Israel.

[7] Naquele grande dia os seres humanos olharão para aquele que os criou e voltarão os olhos para o Santo de Israel.

[8] Não tornarão a atentar para os altares, obras de suas mãos, e não mais darão a menor atenção às estelas sagradas, aos postes ídolos, e aos altares de incenso, fruto de sua arte.

[9] Naquele dia as suas fortalezas, cidades de refúgio, que haviam sido abandonadas por causa dos israelitas, serão como lugares entregues às florestas e aos matagais. E tudo ao redor será total desolação.

[10] Visto que te esqueceste de Deus, do teu Salvador, e não te lembraste da Rocha, da tua fortaleza, tu te pões a formar plantações com videiras importadas, e de efêmero deleite.

[11] No dia em que as plantas, tu as fazes crescer, na manhã seguinte fazes com que elas floresçam; contudo, não haverá colheita no dia do mal e do lamento, da dor incurável.

[4]“Ngaloo mihla ubungangamsha bukaYakobi buya kuphutha, ukutyeba kwakhe kutsho kutsame.

[5]USirayeli woba ngathi yintsimi engqolowa isikwayo; kwaSirayeli kuya kubharha kube sedizeni – wofana namasimi entili yaseRefayim.

[6]Kambe aya kuba khona amasalela. Kuya kuba ngathi ngumnquma obhululweyo kwasala mabini mathathu phezulu, mhlawumbi isine nesihlanu kwahlanzayo,” utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli.

[7]Ngaloo mihla ke abantu baya kubhenela kuMdali wabo, bakhangele kulowo unguYedwa kaSirayeli.

[8]Abayi kuba saqamela ngamaqonga lawo bawakhe ngezandla zabo, bengayi kuba sathembela kowabo umsebenzi – imiqondiso yesithixokazi uAshera kunye namaqonga okuqhumisa.

[9]Ngelo thuba izixeko ezikhuselweyo ziya kusala zize, zingamabhodlo akhula imithi namatyholo, ngokungathi zizixeko ezahlaselwa ngamaSirayeli.

[10]Kaloku, wena Sirayeli, umfulathele uThixo, yena odla ngokukuhlangula; umlibele uThixo ongumqolomba wakho; usuke watyala imiyezo eyodwa, khon' ukuze unqule thixo bambi.

[11]Kanti noba ingantshula idubule kwangaloo ntsasa ubuyityala ngayo, liya kubhek' umoya ngasesivunweni – kuphela yoba yinkxwaleko nezifo ezingaphele ndawo.

Prediz-se a ruína do exército dos assírios

12 Ai! Eis que se ouve o alvoroço de uma multidão de povos, como o rugir dos mares enfurecidos, de povos em tumulto como o agitar tempestuoso de grandes águas!

13 Ainda que os povos rujam como as grandes ondas do mar revolto, quando ele os repreender, fugirão para longe, carregados pelo vento com palha por sobre as colinas, como galhos arrancados das árvores pela ventania.

14 Ao entardecer sobrevém o inesperado e o susto; antes do raiar da aurora já não haverá mais nada nem ninguém! Esta é a porção reservada para aqueles que nos despojam; a sorte daqueles que nos roubam.

Ukoyiswa kwezizwe

12Ke zona izizwe ziyabhabhama, zitsho ngogqumo ngathi kukuyaluzela kolwandle; ewe, uluntu luyaxokozela okwamanz' olwandle.

13Izizwe zingade zibe ziyabhonga, zityhuluba okwamanz' olwandle, yena ukhalima kanye, zitsho zisabe; ziphephetheka ngathi luthuli endulini, ngathi yinkunkum' ibalek' isaqhwithi.

14Ngorhatya bahlasela kutsho kunyembeleke, kanti kusasa abaziwa nomkhondo. Banjalo ke abo basixhaphazayo; eso sisabelo sâbo bazithathelayo.

Isaías 18

A destruição dos assírios é anunciada à Etiópia

1 Ai da terra do zumbido dos gafanhotos, que fica além dos rios de Cush, Etiópia,

2 que manda mensageiros pelo mar em barcos de papiro sobre as águas. Ide, velozes emissários, a uma nação de gente de alta estatura e de pele bronzeada, a um povo temido pelos que estão ao seu redor, nação agressiva e de fala estranha, cuja terra é sulcada por muitos rios.

3 Todos vós, habitantes do mundo, vós moradores da terra, quando se erguer um sinal nos montes, haveis de ver, quando ressoar o toque do Shofar, o som da trombeta, haveis de ouvir.

4 Porquanto, assim diz Yahweh, o SENHOR: “Eis que me conservarei em paz na minha habitação, nos céus, e observarei tranquilo, como o ardor calmo e relezente do sol em

UIsaya 18

Ukohlwaywa kweKushe

1Kunyembelekile ke kwilizwe lesandi samaphiko emazants' emilambo eKushe.

2Likhuph' izigidimi ngezikhitshana ezakhiwe ngeengcongolo, zidad' emlanjeni. Tsheluzani, zigidim' ezikhawulezayo; luthathen' udaba nigoduke nalo, luye kwilizwe eliphanjwe yimilambo, kwisizwe esingwanzilili esinamandla, amafaf' alusu lumpuluswa, izintw' ezoyikwa lilizwe jikelele.

3Bekan' iindlebe, bemi behlabathi! Jongani, nikhangel' imbasa ilenga-lenga phezu kweencopho zeentaba; phulaphulan' isandi sesigodlo.

4Kalok' uNdikhoy' undixelele wathi: “Ndiya kuthi zole cwaka, ndijonge; ndoqwalasela ndisekhayeni lam ezulwini, ndizole ngathi

plena luz do dia, como densa nuvem de orvalho que vai cobrindo toda a terra sob o calor que faz no tempo da ceifa”.

5 Assim, antes da colheita, quando a floração der lugar ao fruto e as uvas amadurecerem, ele cortará os brotos com a podadeira e retirará os ramos mais longos.

6 Mas tudo será abandonado às aves de rapina das montanhas e aos animais selvagens; os abutres se alimentarão deles durante todo aquele verão, e os animais selvagens, todo o inverno.

7 Naquele tempo ofertas serão trazidas a Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, da parte de um povo alto, de pele bronzeada e brilhante; um povo temido pelos povos vizinhos e mesmo por nações distantes, povo agressivo e de fala estrangeira, cuja terra é dividida por rios. Tais dádivas e ofertas serão trazidas ao monte Tsión, Sião, onde habita o Nome do Eterno, o SENHOR dos Exércitos.

Isaías 19

Profecia contra o Egito

1 Palavras de advertência contra o Egito: Eis que Yahweh cavalga em disparada numa nuvem em direção ao Egito. Os ídolos do Egito se apavoram diante da sua aproximação e os corações dos egípcios se derretem no íntimo.

2 “Eis que incitarei egípcio contra egípcio; cada um batalhará contra seu próprio irmão, vizinho lutará contra vizinho, cidade contra cidade, reino contra reino.

kukuwa kombethe ebusuku, cwaka ngathi lilanga ligqats' ubhobhoyi.”

5Iidiliya ziya kudubula zifeze, kodwa zithi ke zona zingekavunwa – ewe, kanye xa ziya ekuvuthweni – lusuke luthi vumbululu utshaba, luwahlabanisele luwageqe amaKushe, lula nje, ngathi kunqunyulw' amaseb' omdiliya.

6Izidumbu ke zosala zithe gangalala, zibe zizisulu zeentaka namaxhalanga. Ewe, ziya kuba lixhoba lamarhamncwa, iintaka zizenzele ehlotyeni – asisathethi ke ngamarhamncwa ebusika.

7Ixesha liyeza apho uNdikhoyo uSomandla-onke aya kunikwa aphiwe imirhumo ngabo balizwe liphanjwe yimilambo, iingwanyalala zesizwe esimandla, amafaf' alusu lumpuluswa, izintw' ezoyikwa lilizwe jikelele. Ewe, baya kuza kwintaba iZiyon, apho anqulwa khona uNdikhoyo uSomandla-onke.

UIsaya 19

Ukohlwaywa kweJiputa

1Nalu udaba olundilisekileyo olumalunga neJiputa: Nank' uNdikhoyo esiza eJiputa; uza etshebeleza ngelifukazi. Oothixo abanqulwa apho batsho bankwantya, namaJiputa ngokwawo atsho anengevane.

2UNdikhoyo ke uthethe wathi: “Ndiza kuxhokonxa umJiputa avukele umJiputa; elowo nalowo uza kuvukelana nomntakwabo, ummelwane avukelane nommelwane. Ngokunjalo isixeko

sovukelana nesixeko; ewe, uburhulumente bovukelana noburhulumente.

[3] O espírito dos egípcios será aniquilado no seu íntimo, confundirei o seu conselho e reduzirei seus planos a nada. Em desespero sairão em busca dos seus deuses vãos; consultarão seus ídolos, necromantes, médiuns, adivinhos e até ilusionistas.

[3]AmaJiputa aza kudideka atyhafe; amacebo awo osuka aphunze. Aya kunkinkq' uncedo koothixo abaqingqiweyo; osuka abhenele kwabo bafileyo; obhenela kwabaneshologu nabambululayo.

[4] Então, eis que Eu entregarei os egípcios nas mãos de um senhor maligno, e um rei cruel e violento dominará sobre eles!”. Oráculo do Soberano Yahweh, o SENHOR dos Exércitos.

[4]AmaJiputa ndowanikela aphathwe gadalala: oba sezandleni zorhulumente okhohlakeleyo; aya kulawulwa ngukumkani osisikhohlakali.” Utsho ke uNdikhoyo uSomandla-onke.

[5] As águas se esvairão do mar, o leito do rio ficará completamente seco.

[5]Umlambo iNayile uya kutsha khonkqo, amanzi awo aphele kuthi tu!

[6] Os canais acabarão cheirando mal, as correntes do Egito irão minguando e secarão; a cana e o junco se cobrirão de praga.

[6]Asivumba eliya kubakho kwimijelo yawo! Iintlambo zeNayile zowutha zitshe; iingcongolo nemikhanzi ziya kutshaza.

[7] Surgirão vários lugares secos ao longo do Nilo e na própria foz do rio. Tudo o que for plantado ao longo do Nilo se ressecará, se dispersarão com os ventos e se extinguirão.

[7]Ngasemlanjeni apho utyani bosuka buyobe; namasimi apho kuloo ntilindini osuka atshaze, avuthuluke aphele.

[8] Os pescadores que usam redes se lamentarão profundamente, até mesmo os que lançam seus anzóis nas águas do Nilo, e se cobrirão de luto e sobre todos cairá terrível desânimo.

[8]Sovakala isikhalo nencwina yabalobi. Baya kukhala abaphosa umnatha emanzini; amaqhogi abalobi aya kubuya ze.

[9] Os artesãos que trabalham o linho, e os tecelões de algodão ficarão perplexos e perderão o ânimo.

[9]Abasebenzisa umqhaphu baya kutyhafa, nabo basontayo bophelelwa ngamandla.

[10] Os nobres não terão mais esperança e cairão em depressão; e todos os assalariados muito se abaterão.

[10]Ewe, kuya kuba nzima kubenzi belaphu, ibe lusizi lodwa kubaqeshwa.

[11] Na verdade, os príncipes de Tsôan, Zoã, não passam de insensatos; os sábios conselheiros do Faraó sugerem ações tolas e

[11]Amaphakathi aseZowan wona zizityhakala; loo matshawe alumkileyo ayalahlekisa! Ngani ukuba ade athi

inconsequentes. Como vos atreveis a dizer ao Faraó: "Sou filho de sábios, discípulo de grandes reis da antiguidade"?

12 Ora, onde estão os teus sábios? Que anunciem então, para que se saiba o que decidiu Yahweh dos Exércitos a respeito do Egito?

13 Agem como loucos os líderes de Zoã, e os príncipes de Mênfis foram iludidos; os próprios líderes de seus clãs induziram todo o Egito à prática do que é errado e mal.

14 Ora, Yahweh derramou dentro deles um espírito desorientador; com suas almas em estado de confusão, desencaminharam o Egito em todos os seus empreendimentos, da mesma maneira que um embriagado cambaleia ao redor do seu próprio vômito.

15 Não há nenhuma atitude que o Egito possa tomar; nada que a cabeça ou a cauda, a palma ou o junco possam fazer.

16 Eis que naquele grande Dia os egípcios agirão como as mulheres: tremerão de pavor diante do mover da forte mão de Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, que se levantará contra eles e contra suas más ações.

17 A terra de Judá será motivo de pavor e vergonha para o Egito: toda vez que alguém mencionar o nome de Judá se sentirá aterrorizado à vista das ações que Yahweh, o SENHOR dos Exércitos executou contra os egípcios.

18 Naquele dia cinco cidades do Egito falarão a língua de Canaã e jurarão fidelidade a Yahweh, o SENHOR dos

kukumkani: "Thina siziingcaphephe zeengqondi, amahlakani ezikumkani zamandulo"?

12Phendula, kumkanindini waseJiputa: Aphi loo maphakathi akho aziingqondi? Ngani ke ukuba angakucebisi akuxelele oko kuza kuhlela iJiputa? Nditsho isicwangciso sikaNdikhoyo uSomandla-onke.

13Hayi bo! Amaphakathi aseZowan ziziyatha, iinkokheli zaseMemfisi zididekile; amathenjwa aseJiputa ngabalahlekisi.

14UNdikhoyo ubayekele ngomoya wolahlekiso. Kungokunje iJiputa iyaphithizela, ityibilika emhlanzweni njengenxila.

15Kulo lonke ke elaseJiputa, kwizityebi ngokunjalo nakumahlwempu, abo baziwayo nabangazelwe nto, akukho namnye ungalivezayo icebo.

IJiputa iya kunqula uNdikhoyo

16Ngaloo mihla ke amaJiputa aya kuba ngamatyutyusi amagwala. Aya kuphakuzela oyike akuqonda ukuba isandla sikaNdikhoyo uSomandla-onke sijinga phezu kwawo.

17AmaJiputa aya kurhwaqeliswa nakukukhankanywa oku kukaJuda; kuwo kosuka kuthi qatha isicwangciso sikaNdikhoyo uSomandla-onke.

18Ngelo xesha ke kwisihlanu sezixeko zaseJiputa kobe kuthethwa ulwimi lwabemi baseKanana. Futhi xa bathethayo baya

Exércitos. Uma dessas cidades será conhecida como Heliópolis, Cidade do Sol e da Destruição.

19 Também naquele dia haverá um altar dedicado a Yahweh, bem no centro do Egito, e em sua fronteira, uma estela, um grande monumento em louvor ao Eterno.

20 Esses monumentos servirão de sinal, testemunho e adoração a Yahweh dos Exércitos na terra do Egito: quando eles clamarem a Yahweh por causa dos seus opressores, este lhes enviará um salvador e defensor que os livrará.

21 Yahweh se dará a conhecer aos egípcios e os egípcios, naquele grande Dia, conhecerão Yahweh e o servirão com sacrifícios e oblações, ofertas de cereais; renderão votos a Yahweh, o SENHOR, e os cumprirão.

22 O Eterno ferirá os egípcios; ele os ferirá e os curará. E assim, eles se voltarão para adorar ao SENHOR, e ele responderá ao seu clamor e às suas orações, e lhes ministrará cura.

23 Ainda naquele grande Dia haverá uma estrada ligando o Egito à Assíria. Os assírios irão para o Egito, e os egípcios para a Assíria, e os egípcios e os assírios prestaram culto e adoração juntos, ao Eterno.

24 Portanto, naquele Dia, Israel será um mediador entre as nações do Egito e da Assíria, uma bênção sobre a face da terra!

25 Então Yahweh, o SENHOR dos Exércitos proclamará esta palavra abençoadora: “Bendito seja a nação do Egito, meu povo; a Assíria, obra das minhas mãos; e Israel, minha herança, povo escolhido!”

kufunga uNdikhoyo uSomandla-onke. Esinye sezixeko zakhona kothiwa sisiXeko seNtshabalalo.

19Ngelo thuba ke eJiputa kuya kubakho iqonga likaNdikhoyo, kananjalo kubekho nentsika yelitye enikezelwe kuye phaya emdeni weJiputa.

20Ezo zinto ke ziya kuba yimiqondiso yobukho bukaNdikhoyo uSomandla-onke apho eJiputa. Bothi ke abantu bakhona, xa bephantsi kwengcinezelo baze bakhale kuNdikhoyo, yena abathumele umhlanguli nomkhuseli wokubasindisa.

21UNdikhoyo uya kuzityhila kumaJiputa, atsho amazi. Aya kumnqula ngamadini atshiswayo nangawokutya. Amadinga amenzele wona aya kuwafezekisa.

22UNdikhoyo uya kuwohlwaya ngezibetho amaJiputa, kambe ke wobuya aphozise. Aya kuthi akubhenela kuye amaJiputa, uNdikhoyo asabele awanyange.

23Ke kaloku kuya kubakho uhola wendlela esuka eJiputa iye kungena eAsiriya. Aye ke ama-Asiriya namaJiputa aya kuhambelana, futhi anqule kunye.

24Ke ngelo thuba yena uSirayeli uya kuba kumgangatho omnye neJiputa neAsiriya, zizozithathu ezi zizwe zibe yintsikelelo ehlabathini.

25Kaloku uNdikhoyo uSomandla-onke uya kuzithamsanqela, athi: “Nithamsanqelekile, bantu bam maJiputa! Nani msebenzi wezandla zam, ma-Asiriya,

ndiyanithamsanqela! Nditsho nakuni, lifa lam elingamaSirayeli, ndithi nisikelelekile!”

Isaías 20

Profecia simbólica do cativeiro dos egípcios e dos etíopes

1 No ano em que Tartan, isto é, o comandante-em-chefe enviado por Sargom, rei da Assíria, atacou Asdode e a dominou,

2 falou Yahweh por intermédio de Isaías, filho de Amoz, e proclamou: “Eia, tira o pano de saco de sobre os teus lombos e descalça as sandálias dos teus pés!” Ele, prontamente, obedeceu e passou a andar sem a manta tradicional dos profetas e descalço, apenas com uma longa roupa de baixo feita de linho.

3 Então declarou Yahweh: “Da mesma maneira como meu servo Isaías andou sem sua manta e descalço durante três anos, como um sinal vivo de advertência contra o Egito e contra Cush, a Etiópia,

4 assim também o rei da Assíria, para desonra do Egito, conduzirá nus e descalços os cativos e prisioneiros egípcios e os expatriados etíopes; os jovens e os velhos, todos caminhando rumo ao cativeiro com as nádegas descobertas.

5 Então, se assombrarão os israelitas e se envergonharão, porquanto confiavam na Etiópia e se ufanavam no Egito; toda essa glória se transformará em decepção e pavor!

6 Naquele grande Dia todos os habitantes destas costas clamarão: ‘Eis o que restou da nossa esperança, e daqueles em quem depositamos nossa confiança, a quem recorremos para a nossa salvação, a fim de

UIsaya 20

Umqondiso ngomshumayeli ohamba ze

1 Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi waseAsiriya yagunyaziswa nguSargon ukumkani wakhona, yaza yahlasela isixeko samaFilistiya iAshdode, yasithimba.

2 Ngelo xesha uNdikhoyo wayalela uIsaya unyana ka-Amozi, wathi: “Zikhulule iimpahla ozinxibileyo zokuzila, ndawonye neembadada zakho.” Ngokwenene ke wawuthobela loo myalelo, waza wahamba ze.

3 Waza ke uNdikhoyo wathi: “Kakade isicaka sam uIsaya besisoloko sijikeleza sizé, singenazo nambadada, yonke le minyaka mithathu. Lowo ke ngumqondiso wento eya kwehlela iJiputa neKushe.

4 Ukumkani waseAsiriya uya kubanxula bezé abathinjwa ababambe kwezo zizwe zozibini. Ewe, abadala nabanci baya kubhadaza ngeenyawo, bambethe ingubo yesele – nto leyo iya kuzisela iJiputa ishwangusha.

5 Abo bathembele ngeKushe nabo baqhayisa ngeJiputa baya kuphoxeka badideke.

6 Ngelo thuba ke abemi bommandla wonxweme lwaseFilistiya baya kuthi: ‘Niyayibona ke into eyehlele aba bantu besithembe ukukhuselwa ngabo kukumkani

nos proteger do rei da Assíria! Agora, pois, como haveremos de nos livrar?'"

Isaías 21

Predição da queda da Babilônia

1 Palavra de advertência contra o deserto que fica junto ao mar: Como ventanias em redemoinho que varrem o Neguebe, um invasor se aproxima vindo do deserto, de uma nação onde domina o terror.

2 Eis que tive uma visão horrível: "O traidor fora traído, o saqueador, devastado. Vai à luta, pois Elam! Média, sitia teu inimigo! Porquanto ponho fim a toda aflição provocada por essa nação.

3 Eis que as minhas entranhas se contorceram de angústia, senti como que as dores de uma mulher em trabalho de parto; eis que estou de tal forma transtornado que não posso ouvir claramente, tão perplexo que não consigo enxergar nitidamente.
4 O meu coração bate forte e parece derreter dentro do peito, o terror me subjuga; a hora do pôr-do-sol sempre tão almejada, agora se me torna em má expectativa e pavor.

5 A mesa está posta, os lugares estão dispostos e tudo está preparado; come-se e bebe-se. De pé, ó príncipes e líderes! Untai vossos escudos!

6 Em verdade, assim me falou o Eterno: "Vai, põe de prontidão um atalaia! Ele permanecerá atento e avisará tudo o que se aproximar!
7 Eis que ele verá carros com parelhas em jumentos ou em camelos, ele que preste atenção, muita atenção!"

waseAsiriya! Kodwa kodwa siya kusinda njani?' "

UIsaya 21

Ukuwa kweBhabheli

1Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neBhabheli, intlango engasemlanjeni: Njengesaqhwithi sivuthuza entlango uya kwenjenjalo xa ezayo umhlaseli: uya kuza ephuma ezweni eloyikekayo.
2Ndiwalamile umbono wezehlo zenkohlakalo: ungcothoza nomxhaphazi bayazenzela. Phakathi, maElam; hlaselani! Nani, maMedi, zirhawuleni izixeko! Ngoku uThixo uya kuphelisa ukungcungcutheka; nditsho ingcinezelo eze neBhabheli.
3Ke ngoko nditsho ndahlasimla; nditsho ndapena-pena ziintlungu, ndangathi ngumfazi kunkqonkqoza inimba. Izintw' endizivayo ziyandikhamnqisa; Kambe ke endikuvileyo ndiyanazisa, izintw' endizibonayo ziyandimangalisa.
4Ewe, ingqondo yam imile; suke ndangenwa bubuphaku-phaku; kukade ndilangazelela urhatya, nalu ke lunditsho ndangcangcazela.
5Naso ke isidlo sesilungile; kungokunje sebesophula. Phantsi sebandlele iingubo; ewe, kuyatyiwa kuyaselwa. Hayi bo, phakamani, matshawe; kubi, thambisan' amakhaka.

6INkosi indiyalele yenjenje: "Hamba umisele intlola; yona maze ikuthethe ekubonileyo.

7Yakubona iinqwelo zamahashe, mhlawumbi abaqabele iidonki noba

ziinkamela, maze ibaqwalasele ngononophelo.”

[8] Então, de repente, eis que o atalaia bradou como um leão: “Dia após dia, meu senhor, eu permaneço na torre de vigia; todas as noites me mantenho em pé e atento no posto de sentinela.

[8]Ke idindala lidanduluke lathi: “Imini nobusuku, mnumzana, ndimile, ndithe bhuxe emboniselweni.

[9] Vede! Eis que agora vem se aproximando um homem em seu carro com uma parelha de cavalos. Então, ergueu ele a voz e proclamou: ‘Caiu! Caiu a Babilônia! Todas as imagens dos seus deuses estão despedaçadas no chão!’”

[9]Ngephanyazo nje gqi inqwelo itsalwa ngamahashe. Umqhubi udanduluka esithi: ‘Hi-i-i! Yaw' iBhabheli! Imifanekiso yezithixo zakhona nantso ibubusaza emhlabeni.’ ”

[10] Oh! Povo meu, malhado e debulhado como o trigo na minha eira! O que ouvi de Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel, isso precisamente vos declaro!

[10]Nina ke, maSirayeli, mawethu, senifana nengqolowa exushwe ziinyawo esandeni. Kambe ke endikuvileyo ndiyanazisa, ndibhengeza endikuxelelwe nguNdikhoyo uSomandla-onke, nditsho uThixo kaSirayeli.

Mayela ne-Edom

[11] Oráculo contra Duma, Silêncio. Eis que o povo de Seir me questiona: “Sentinela, quanto ainda falta para acabar a noite? Atalaia, quanto falta para passar esta noite?”

[11]Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neDuma: Kukho obiza eSeyire: “Khawutsho, mlindi, buntangani obu busuku? Khawundixelele, kuxesha liphi ebusuku?”

[12] E o guarda responde: “Eis que a aurora vem raiando, contudo a noite também se aproxima com rapidez; ora, se quereis indagar outra vez, voltai e perguntai!”.

[12]Umlindi uphendula athi: “Sekumbovu kuse, kodwa ubusuku buyeza kwakhona. Xa usenomkro ungabuza; ewe, uze ubuye ubuze kwakhona.”

Mayela nelama-Arabhu

[13] Oráculo contra a Arábia: Nos bosques da Arábia, passareis a noite, ó caravanas de dedanitas.

[13]Nalu udaba olundilisekileyo olumayela nelama-Arabhu: Nina barhwebi baseDedan abaxhwarhe kumahlathi elama-Arabhu,

[14] Traga-se água ao encontro dos que morrem de sede; ó habitantes da terra de Temá, levai pão aos fugitivos.

[14]abo banxaniweyo baphen' amanzi; nina bantundini baseTema, ziphen' ukutya iimbacu.

[15] Porquanto fogem de diante das espadas, de diante das espadas desembainhadas, dos arcos armados e da malignidade da guerra!

[15]Kaloku zizisindisa kuloo mikhonto, leyo seyirholwe yada yajoliswa, ngokunjalo nezo

[16] Porque assim revela o Eterno: “Dentro de um ano, nem um dia menos, nem mais, como num contrato de jornada de trabalho, toda a glória de Quedar encontrará seu fim e desaparecerá.

[17] E assim, poucos serão os sobreviventes dos flecheiros, dos guerreiros de Quedar!” Eis, portanto, a Palavra de Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel.

Isaías 22

Quadro profético do cerco de Jerusalém

[1] Eis, pois, a mensagem contra o Vale da Visão: Que tens tu, afinal, que todos os teus habitantes sobem aos terraços de suas casas?

[2] Tu, cidade, que estavas tomada de aclamações e em alvoroço, cidade entusiasmada e alegre! Afinal, os teus mortos não foram trespassados à espada, nem morreram em combate.

[3] Todos os teus comandantes fugiram juntos e ao mesmo tempo; contudo, foram capturados sem a menor resistência. Todos foram encontrados e presos, ainda que tivessem fugido para bem longe.

[4] Diante disso, eu declarei: “Desviai de mim os vossos olhos, deixai-me só a fim de que possa chorar amargamente; não insistais em consolar-me por causa da destruição de minha filha, isto é, do meu povo amado!

[5] Porquanto este dia é um dia de tumulto, de atropelo e de terror da parte do Eterno, o SENHOR dos Exércitos, no Vale da Visão; dia de derrubar muros e de um clamor que chega ao alto dos montes.

ntolo zingxashiweyo, ewe, zipheph' ifuthe lemfazwe.

[16]INkosi ke ithethe nam yenjenje: “Kwisithuba sonyaka ninyamezele ubukhulu nodumo lweentlanga zamaKedare luya kunqamka.

[17]“Kwezo ncushe zamaKedare adubula ngeentolo kuya kusala iingqandandana nje. Ewe, kuya kuba njalo, kuba nditshilo mna Ndikhoyo Thixo wamaSirayeli.”

UIsaya 22

Udaba olungeJerusalem

[1]Nalu udaba olundilisekileyo olumayela neJerusalem, iNtili yeMibono: Khanitsho! Kwenzeka ntoni kanye? Ngani niphezu kwezindlu nje?

[2]Kutheni kuyimikhwazo nje esixekweni? Uthetha ntoni lo mbhiyozo wenu? Sesani isiphithi-phithi nengxokozelo? Ewe, amagorha enu ahambile, kambe ke akafelanga dabini.

[3]Kaloku iindwalutho zenu zasik' umoya; ngenene zibaleke zingakhange zaxhathalaza. Nithinjwe ningalekuzanga noku kukanye; suka nafulathela ningenawo nomkrwelo.

[4]Yiyo loo nto ndisuke ndathi: “Bhekelani phaya; mkani kum! Ndiyekeni nditshw' esikrakra ngenxa yabam abahambileyo. Sukani kum; kahleni ngentuthuzelo!”

[5]Liyeza ithuba leNkosi uNdikhoyo onamandla onke, ithuba lokuphakuzela nokujokwa; umhla wesiphithi-phithi. Kuya kuba njalo ke kwiNtili yeMibono. Suka yangugiqe-giqe esixekweni, iindonga zenz'

ubutyobo, gcimfi-gcimfi! Zatsho kwahlahlamba izikhalo zabazibikayo; ewe, neentaba zivile zatsho zaphendula!

6 Elão apanhou a sua aljava, e avança com seus carros e cavalos; Quir já preparou todos os seus escudos.

6Atsho abophelela amafa-nankosi ase-Elam, eza selegqabadula ephalisa; ingezontolo, ef' amacala zizixhobo! Kaloku namaKiri awabambil' amakhaka; ewe, selechophile elindel' uphakathi.

7 Os vales mais férteis de Judá foram tomados pelos carros de guerra e seus cavaleiros já estão em formação de combate junto aos portões das cidades;

7Ke yona loo ntili entle kunene kaJuda, kanye le yendyebo, ibizama-zama, kungeyonqwelo, kuyinto nje! Amajoni amahashe selengxangile ethe xhonkxosholo kumasango eJerusalem.

8 Eis que Judá está sem defesas. Ora, naquele Dia voltastes os olhos para as armas do palácio da Floresta.

8Suka ke yangufohle-fohle novithe-vithe; kaloku amaxhadi kaJuda afadalele! Kuthe ke kwakuba nje suka nina naya kulanda izixhobo phaya eBhete-yahare.

9 E eis que vistes que eram muitas as brechas nos muros da cidade de Davi! Tratastes de armazenar água na piscina, isto é, no açude inferior,

9Nasibona isixeko sikaDavide, nâso siphanjwe ziintanda. Nagcina amanzi kwiqula elingezantsi,

10 contaram as casas de Jerusalém e derrubaram algumas a fim de usar o material para reforçar os muros.

10nazijonga izakhiwo zaseJerusalem, suka nazichitha ezinye zazo ukuze nilungise ngazo udonga lwesixeko.

11 Construístes um reservatório entre os dois muros para a água da piscina antiga. Contudo, não voltastes os olhos para Aquele que fez todas estas construções, não vistes Aquele que desde há muito as planejou.

11Apha ngaphakathi esixekweni nakha iqula elinguvimba, nisenzela ukulondoloza amanzi lawo aphuma kweliya lidala. Kambe ke kuyo yonke loo nto tu ukuziduba ngalowo ungumcwangcisi – animkhathalelanga lowo wayisekayo kwamandulo.

12 E, no entanto, naquele Dia fez o Eterno Yahweh uma convocação geral para o pranto e para o luto, para que raspásseis a cabeça e vos vestísseis com pano de saco.

12Ngelo thuba iNkosi uNdikhoyo onamandla onke uthe efuna nihlahlambe nitshw' esikrakra, xa ebesithi niza kugugula nitsho ngezokuzila.

13 Em lugar disso, o que houve foi júbilo, exultação e entusiasmo, matança de bois e

13Suka nina naguya nabhiyoza, naxhela zigusha zinkomo kwanjeya; natya nenyama,

degola de ovelhas: come-se muita carne, bebe-se vinho, alegando: “Comamos e bebamos porque amanhã morreremos!”

[14] Entretanto, Yahweh dos Exércitos disse aos meus ouvidos: “Em verdade, em verdade, para esse pecado, até os dias da vossa morte, não haverá propiciação a vosso favor!” Eis a Palavra do Eterno, o SENHOR dos Exércitos.

Sebna é degradado. Eliaquim é exaltado

[15] Assim diz o Eterno Yahweh dos Exércitos: “Anda, vai depressa falar com esse administrador, Sebna, o mordomo, e indaga-lhe:

[16] ‘Que fazes aqui? Que parente tens aqui para que caves aqui uma sepultura, entalhando na rocha teu próprio local de repouso?

[17] Atenção, pois, homem poderoso: Eis que Yahweh te agarrará com violência e te lançará para longe de tudo!

[18] Com certeza ele te enrolará como uma bola e te arremessará num vastíssimo campo deserto. Ali tu morrerás, e lá os teus poderosos carros de guerra se tornarão símbolo de vergonha da casa do teu senhor!

[19] Eu te demitirei das tuas responsabilidades e serás deposto do teu cargo!

[20] Naquele dia convocarei o meu servo Eliaquim, filho de Hilquias.

[21] Vesti-lo-ei com a tua túnica, cingi-lo-ei com o teu cinto, colocarei em suas mãos as tuas funções; ele será um pai para os habitantes de Jerusalém e para a casa de Judá.

nalebela ngotywala, nisithi: “Masonwabe sitye sisele; ikakade siyafa ngomso!”

[14]UNdikhoyo uSomandla-onke uthethe nam wathi: “Ngenene obu bubi abuyi kuxolelwa.” Ewe, ufunge wathi kode kufiwe kunjalo. Utshilo ke uMhlekazi uNdikhoyo uSomandla-onke!

Isilumkiso kuShebhena

[15]Ke iNkosi uNdikhoyo uSomandla-onke yandiyalela ukuba ndiye kuShebhena, usomaqhuzu wakomkhulu, ndifike ndithi kuye:

[16]“Uyintoni apha? Khona ulithatha phi ilungelo lokuzikrolela ingcwaba kule nduli inezawana?

[17]Ingade ibe ngathi usisikhulu, kodwa yena uNdikhoyo uya kusuka akuthi hlasi, akulahle kude.

[18]Ewe, uya kukuthatha ube ngathi uyibhola, akutshukutshele kwilizwekazi elikhulu. Uya kufela ngakwezi nqwelo uzidla ngazo, ntondini ihlazisa umzi wenkosi yayo!

[19]UNdikhoyo uza kukukhiqa kwesi sihlalo ukuso, utsho uwe bhaxa.”

[20]INkosi yaqhuba yathi: “Kuya kuthi ke kwakuba kunjalo, ndibize isicaka sam uEliyakim unyana kaHilekiya.

[21]Ndiya kuwunika yena umnweba osisivatho sakho, ndawonye nebhanti obhinqa ngayo, nawo onke amagunya onawo. Ke yena uya kuba nguyise kubantu baseJerusalem nabakwaJuda.

[22] Porei sobre os seus ombros a chave da Casa de Davi: o que ele abrir ninguém terá o poder de fechar e o que ele fechar ninguém será capaz de abrir.

[23] Eu mesmo o fincarei como uma estaca em terreno firme; ele será para o reino de seu pai um assento de honra e trono de glória.
[24] Toda a glória de seus parentes, desde os mais famosos e importantes, até os mais anônimos e humildes, dependerá da sua pessoa: sua prole e seus descendentes; todos os seus utensílios menores, das bacias aos jarros.
[25] Naquele grande Dia, diz Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, o prego bem fincado em lugar firme cederá; será cortado e cairá; e a carga que nele estava se desprenderá, pois o Eterno o disse!

[22]Yena ndiya kumnika lonke ulawulo kumzi kaDavide. Ngenene uya kuba ngunozitshixwana, abe yinqwayi-ngqwayi evula kungavali mntu, into evala kungabikho mntu unokuvula.
[23]Ndiya kummisela ndimbethelele njengesikhonkwane esiqinileyo, abe ngumthombo wesidima kumawabo.

[24]Kambe ke izizalwane zakhe ziya kuba luxanduva lwakhe. Amawabo aya kumbhubhuzelela, atsho azive esindwa.”

[25]Ewe, uNdikhoyo onamandla onke wathi: “Kuya kuthi kwakuba njalo isikhonkwane ebesiqinile sitsho sixenga-xenge side siwe. Eso ke iya kuba sisiphelo sayo yonke into ejinga kuso.” Kaloku uthethile uNdikhoyo.

Isaías 23

A ruína e restauração de Tiro

[1] Palavra de revelação e advertência contra Tiro: “Uivai de decepção, ó navios de Társis! Eis que Tiro jaz destruída e nada lhe restou, nem uma só casa, nem seu próprio porto. De Quitim, Chipre, chegou esta triste notícia.

[2] Calai-vos, habitantes das regiões litorâneas, e vós, mercadores de Sidom, enriquecidos pelos que cruzaram o mar,
[3] e as grandes águas. O trigo de Sior e a colheita do Nilo eram a sua fonte de renda. E vos tornastes o grande centro de abastecimento das nações.

[4] Cobre-te de vergonha, Sidom, pois as muitas águas, a fortaleza do mar, exclamou:

UIsaya 23

Mayela neTire

[1]Nalu udaba olundilisekileyo olumalunga neTire: Bhombolozani, zinqanawa zaseTashishe! Kaloku yona iTire itshabalele; okwakuzizindlu nezibuko ngamabhodlo nje! Ewe, zisuke zavakala zona iindaba; abebevela eKiti baxelelwa bevile.
[2]Yithini cwaka, nina bemi baselunxwemeni, nditsho nina barhwebi baseSidon, nina banyuswe ngabemi bolwandle
[3]abadada kumanz' anzongo-nzongo, bathengi abayithengisayo ingqolowa, nditsho leya ikhula kwelaseJiputa, eyitsho iTire yayimalike yezizwe.
[4]Dana unyoshoze, wena Sidon, nawe, Tire, nqaba yolwandle! Kaloku inzonzobila yolwandle iyakhalaza, ithi: “Mna kaloku

"Não tive dores de parto, nem dei à luz, não criei meninos, tampouco eduquei meninas!"

[5] Ao chegar essa notícia ao Egito, ele se afligirá com tudo o que ocorreu na cidade de Tiro.

[6] Ó moradores da costa, dirigi-vos a Társis e lamentai vós também.

[7] É esta a cidade jubilosa que existe desde épocas muito antigas, cujas andanças resultaram na conquista de terras distantes?

[8] Quem pensou e decidiu isso contra Tiro, contra aquela que homenageava com coroas, cujos homens de negócios são príncipes, cujos comerciantes são famosos em toda a terra?

[9] Ora, foi Yahweh dos Exércitos quem o planejou a fim de abater toda a soberba e vaidade e humilhar todos os que vivem em ostentação e vanglórias sobre a face da terra.

[10] Lavrai a tua terra como se cultiva às margens do Nilo, ó povo de Társis, porquanto o vosso porto não mais existe.

[11] O Eterno estendeu a mão sobre o mar, fez tremer os reinos; quanto a Fenícia, Yahweh decidiu destruir as suas fortalezas.

[12] E proclamou: "Não continues na tua exaltação pretensiosa, ó virgem oprimida, filha, cidade de Sidom! Levanta-te, pois, e atravessa o mar e vai-te a Chipre; contudo, nem mesmo ali haverá descanso para ti.

[13] Vede a terra dos caldeus, babilônicos; esse é o povo que sucumbiu, já não mais

andizange ndalunywa; ewe, mna andizange ndazala; zange ndikhulise nyana nantombi!"

[5]Olu daba lothi lungafika eJiputa asuke ke wona ajijitheke xa esiva ngokutshabalala kweTire.

[6]Bhombolozani ngesingqala, nina bemi bonxweme; welelani kwelaseTashishe.

[7]Ngaba esi sesiya sixeko solonwabo iTire? Ngaba sesiya sasungulwa ngonoquku mandulo? Siso na esathumela iintlola phesheya kolwandle ukuze sandise isizwe?

[8]Kodwa kodwa ngubani umcebi wale ntlekele; ifakwe ngubani iTire kulo mgxobhozo, yona eyayikade iphaka iimbasa? Abarhwebi bayo fudula ingamatshawe; hay' isidima sabo ehlabathini jikelele!

[9] NguNdikhoyo uSomandla-onke oyicebileyo, khon' ukuze aliphelise ikratshi labo, lutsho ludake udumo lwabaziwayo.

[10]Sarhakani niwulime umhlaba njengaseJiputa, nditsho kuni, maTashishe. Kaloku akusekho zibuko eTire.

[11]UNdikhoyo usolule isandla sakhe sawel' ulwandle, zangcangcazel' izikumkani. Ugunyazisile mayela nelamaKanana; iinqaba zakhona ziza kudilizwa.

[12]UNdikhoyo wathi kwiSidon: "Liphelil' ixesha leziyolo, Sidon; ubuntombi bakho bonakele. Ningade nisabele kwelamaKiti, kodwa nalapho akukho buyambo."

[13]Khangelani elamaKaledi, namhlanje alisento yanto. Ama-Asiriya alenza

existe! Os assírios a deixaram à mercê dos animais do deserto; levantaram torres de vigia, despojaram os seus palácios e transformaram toda a cidade numa só ruína.

laphutha, latsho layintlango yezilwanyana. Suka balirhawula neemboniselo zalo, avuthulula zinqaba, alitsho langamabhodlo.

14 lamentai e panteai aos gritos, ó navios de Társis, porque a vossa fortaleza foi arrasada!

14Bhombolozani, zinqanawa zaseTashishe, inqaba elithemba lenu itshabalele!

15 Naquele tempo Tiro será esquecida por setenta anos, isto é, o equivalente aos dias da vida de um rei. Ao fim dos setenta anos, acontecerá a Tiro o que diz a Canção da Prostituta:

15Yona iTire ihlalele ukungena kwelokulibala. Yoba sisixhenxe samashumi eminyaka ingasakhunjulwa, xesha elo ke libubomi bokumkani. Emva kwaloo minyaka ke iTire kuya kuculwa ngayo njengehenyukazi, kuthiwe:

16 "Toma a harpa, perambula pela cidade, ó prostituta esquecida! Toca a tua harpa o melhor que puderes, repete a tua canção muitas vezes, para que se lembrem de ti!"

16"Thath' isigingci ujikelez' isixeko, henyukazindin' eselide laphutha. Sikhalise untyiloze ngengoma kwakhona, ukuze ubuye udle ngendeb' endala."

17 Então, ao fim dos setenta anos, Yahweh visitará Tiro. Esta retornará ao seu ofício de prostituta e se prostituirá com todos os reinos existentes sobre a face da terra.

17Emva kwaloo minyaka ingamashumi asixhenxe uNdikhoyo iTire woyibuyisela kwaushishino lwayo lwamandulo, uhenyuzo, ize iziqeshise kuzo zonke izikumkani zehlabathi.

18 Entretanto, o seu lucro e a sua renda acabarão consagrados a Yahweh; não serão amontoados nem depositados em fortalezas. Todo o seu ganho será destinado para os que vivem na presença do SENHOR, a fim de que tenham bastante suprimento, bons alimentos e até roupas finas.

18Loo mali ke iyizuze kwezorhwebo iya kuyinikela kwezikaNdikhoyo. Ewe, loo mali ayiyi kugcinwa, koko iya kusetyenziswa ngâbo banqula uNdikhoyo, bathenge ukutya nezingayiwayo izinxibo.

Isaías 24

Predição do castigo dos israelitas e o seu bom efeito. A promessa de livramento e da ruína dos seus inimigos. Cântico de louvor pela misericórdia de Deus

1 Eis que Yahweh vai arrasar toda a terra e a devastará, arruinará sua superfície e espalhará seus habitantes.

UIsaya 24

Ihlabathi liza kohlwaywa

1 UNdikhoyo uza kulibharhis' ihlabathi; uya kubetha kutsho kube senkangala; uya kulitsho lenz' uqulukubhode, abemi balo bona babe ziintsali.

[2] O mesmo sucederá ao sacerdote e ao povo, ao servo e ao seu senhor, à serva e à sua senhora, ao comprador e ao vendedor, ao que empresta e ao que toma emprestado, ao devedor e ao credor.

[2]Akayi kukhetha bani; kubo bonke ukufa kobe kunkongolo. Kofana kumbingeleli nakwibandla, ibe yiloo nto kumnumzana nesicaka sakhe; kube kwanjalo kwinkosikazi nesicakazana, kumthengi nakulowo uthengisayo; kube yiloo nto kumboleki nakumbolekisi, kwizityebi nakwabo balambileyo.

[3] Certamente a terra será totalmente saqueada e destruída, porquanto foi Yahweh, o SENHOR, quem proferiu esta sentença.

[3]Ihlabathi liya kuba yinkangala exushekileyo; liya kuba ngumqwebedu oxhwithekileyo. Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo.

[4] A terra seca e cobre-se de luto, ela perece; o mundo definha e murcha, os nobres da terra consomem-se.

[4]Nâlo ihlabathi lirhawuka, litshaza. Ewe, ihlabathi liyangcungcutheka, liyabuna; isibhakabhaka nomhlaba ziyatshitsha.

[5] A terra está contaminada pelos seus próprios habitantes; afinal, a humanidade desobedeceu às leis, violou os decretos e quebrou a aliança eterna.

[5]Uluntu luligqwalisile eli hlabathi; ngokwaphula imiyalelo kaThixo bonakalisile. Ewe, imimiselo yakhe bayikrobozile, baza bawuxusha ngeenyawo umnqophiso waphakade.

[6] Por este motivo a maldição consome a terra e seu povo é culpado. Por isso os habitantes da terra serão extinguidos pelo fogo, até que restem apenas alguns poucos seres humanos.

[6]Ngoko ke liqalekisiwe ihlabathi, nabemi balo ke libambethe ityala. Ewe, uluntu nalo ke lutsho larhawuka; ngoku liqaqobana kuphela eliseleyo.

[7] O vinho novo se vai, e a videira definha; todos os que se divertiam, agora lamentam e gemem.

[7]Izidiliya nazo ke zitshazile, newayini ke itsho yanqaba; ababefudula bonwabile bathe rhubaxa.

[8] O som festivo e alegre dos tamborins calou-se, o barulho dos que festejavam cessou, a harpa que tocava cheia de júbilo não tange mais.

[8]Ingoma ekhatshwa yingqongqo inqamkile, imikhwazo yolonwabo nayo iphelile, ukuhlasimlisa kwesigingci kukombela.

[9] Já não se bebe vinho ao som do cântico, a bebida forte tem um sabor amargo para os que a bebem.

[9]Intselo-tywala ayisakhatshwa yimihlali; ngoku utywala buyakrakra nakwiindla-manzi.

[10] A cidade da destruição está desolada, todas as suas casas estão fechadas, ninguém pode entrar nelas.

[11] Nas ruas clama-se por um pouco de vinho, toda a alegria se esgotou: o júbilo foi extinto da terra.

[12] Na cidade só restou desolação, a porta ficou reduzida a ruínas.

[13] Assim será na terra, entre todas as nações, como quando se usa a vara na oliveira ou se buscam os restos das uvas após a colheita.

[14] Erguem as vozes, cantam de júbilo; desde o Ocidente aclamam a majestade de Yahweh.

[15] Deem glória, porquanto, a Yahweh, o SENHOR, no Oriente, e nas ilhas do mar exaltem o Nome do SENHOR: Yahweh, o Deus de Israel.

[16] Desde os confins da terra ouvimos ressoar o cântico: "Glória seja dada ao Justo!" Contudo eu clamei: "Ai de mim! Que desgraça! Não aguento mais! Porquanto os traidores continuam agindo traiçoeiramente; há falsidade por toda parte!"

[17] Pavor, cova e ciladas os aguardam, ó habitantes da terra!

[18] Quem fugir ao grito de terror cairá na cova; quem sair da cova será pego pelas armadilhas. Abertas estão as comportas dos céus. Eis que os alicerces da terra tremem!

[10]Isixeko nâso sitsho sangumbhodamo; iminyango yezindlu ke yona ivalwe mba.

[11]Ezitalatweni phaya balilela utywala; imivuyo yabo ijike yakukudakumba; imihlali nolonwabo zimkile ehlabathini.

[12]Isixeko ngoku sisele singamabobosi, nesango likroboke lavuthuluka.

[13]Kuya kuba njalo ke ehlabathini jikelele; nantso ke into eya kwenzeka ezizweni zonke: koba ngathi lixesha lokubethwa komnquma, ngathi sisidiliya esivunwe sakhwahlazwa.

[14]Abo basindileyo baya kutsholoza bantyiloze; entshona baya kuduma bakhahlele ngenxa yobungangamsha bukaNdikhoyo; bothi: "Bayethe!"

[15]Nina basempuma, yitshoni ngendumasi; nani baselunxwemeni, dombozani nibonge uNdikhoyo; ewe, mdumiseni uThixo kaSirayeli.

[16]Ingoma yezibongo ivakala eziphelweni zehlabathi: "Hayi, ubungangamsha baLowo ulilungisa!" Athi ke mna – kuxa bendiyintoni na kakade! Ewe, kunyembelekile, akukho yam kwaphela! Abangcothozi bona benza ngokungcothoza; ngokungcatsha kwabo abangcatshi bayangcotsha.

[17]Yeha ke nina, bemi bahlabathi, anikho kukunkwantya imigibe nenzonzobila!

[18]Nobenevuso wasaba kuba esoyika; woth' esabaleka eyele enzonzobileni. Omnye wogwencel' aphum' emhadini, suka ke arhintyelwe zizabatha. Kaloku amazul' ayivulele imvula, zatsho zangcangcazela iziseko zehlabathi.

[19] A terra foi despedaçada, está destruída, totalmente abalada!

[20] A terra cambaleará como embriagado, ela oscilará como uma cabana ao vento; tão pesada sobre ela é a culpa da rebeldia das nações que jamais se levantará de sua queda.

[21] E acontecerá naquele grande Dia: Yahweh castigará os poderes em cima nos céus, e os reis e governantes embaixo na terra.

[22] Eles serão reunidos, tal qual um bando de prisioneiros condenados à mesma masmorra, trancafiados numa prisão onde aguardarão a punição final depois de muito tempo.

[23] A lua, pois, ficará humilhada, e o sol, confuso e envergonhado, porquanto Yahweh, o SENHOR dos Exércitos reina no monte Sião e em Jerusalém: absoluto e glorioso diante dos seus líderes e anciãos!

Isaías 25

[1] Ó Yahweh, SENHOR Eterno, tu és o meu Deus! Eu te exaltarei e louvarei o teu Nome, pois com absoluta perfeição tens realizado maravilhas; obras há muito planejadas!

[2] Fizeste da cidade dos opressores um monte de entulho, da cidade fortificada uma ruína, da cidade dos pagãos uma cidade incapaz de ser reconstruída!

[19]Ngenene ke ihlabathi lona livikivekile; ewe, nangoku ke liqhaqhambile, linyikime lachachamba laboko-boko.

[20]Ihlabathi ke logxadazela njengenxila; lophephuka okwephempe mhla ngomoyakazi. Ihlabathi liyasindeka zizono zalo; losuka lithi folokohlo kube sisiphelo eso.

[21]Ngaloo mhlandini ke uNdikhoyo uya kohlwaya, athi ekwiinginginya zasemazulwini ezulwini phezulu, abe ekwizikumkani zezizwe ehlabathini phantsi.

[22]Zoba lugxudululu kunye ndawonye njengamabhantinti kwamnyama-ndawo esiseleni, wona anyathelana phakath' entolongweni, de kube ziintsuku zamkele isohlwayo.

[23]Nyangandini ke yona yombatsha igqubuthele, nelanga life ziintloni litsho lizile, kuba uNdikhoyo uSomandla-onke elawula, ethe zava kwintaba iZiyon eJerusalem, ubuqaqawuli bakhe buthe tha kumadod' amakhulu.

UIsaya 25

Ingoma yokubulela

[1] Ndikhoyo, wena unguThixo wam; ndosuka ndikuthuthe ndikudumise. Kuthi mandikutyibele ndibongisele ngenxa yemisebenzi yakho ekhamnqisayo; kaloku ngokuthembeka okukhulu wena zonke uzifezekisile – nditsho izicwangciso zakho zamandulo.

[2]Isixeko wena usitsho sangamabhodlo, neso sinqatyisiweyo sitsho sayimiwewe; amabhotwe aziinqaba kwiintlanga atsho angamanxuwa, engasoze abuye avuswe.

[3] Eis por que um povo forte te glorificará e te honrará; e até a cidade das nações ímpias temerá a ti.

[4] E, porque foste um refúgio seguro para o pobre, um socorro para o necessitado em sua aflição, forte abrigo contra a tempestade e sombra revigorante contra o sol causticante; quando o sopro das pessoas cruéis é como tempestade contra um muro,

[5] e como o calor em uma terra árida e desolada. Tu silencias o bramido dos estrangeiros; assim como diminui o calor com a sombra de uma nuvem, assim a canção dos tiranos é silenciada.

[6] Neste monte o Eterno, o SENHOR dos Exércitos, preparará um farto banquete para todos os povos, uma grande mesa de vinho envelhecido, com carnes saborosas, suculentas e muitos vinhos finos.

[7] Neste monte ele destruirá o véu que envolve todos os povos, a cortina que cobre todas as nações;

[8] extinguirá a morte de uma vez por todas. O Eterno Yahweh enxugará as lágrimas de todo rosto e retirará de toda a terra a zombaria e a humilhação que seu povo vem sofrendo. Palavra de Yahweh, o SENHOR!

[9] E naquele Dia todos levantarão suas vozes para dizer: “Vede, este é o nosso Deus! Nele esperávamos nós, certos de que nos salvaria, e, de fato, nos salvou! Este é Yahweh, nós depositamos nele toda a nossa confiança. Exultemos e regozijemo-nos na sua magnífica salvação!”

[3]Isizwe esomeleleyo sokubabaza sikuncome, nesixeko sezikhohlakali siya kukubusa.

[4]Kaloku wena uyawakhusela amahlwempu; akubalekela kuwe ayasinda enkathazweni. Wena ungumqolomba kumaqhwa nenkqwithelo, kanti ukwangumthunzi kwingqatsini yelanga. Kaloku izithonga zezikhohlakali zinjengesiphango,

[5]ngathi yinzwinini yelanga kwelibharhileyo. Wena ukucimile ukugragrama kotshaba, ukuthe pam ngathi ngumthunzi elangeni, ingoma yeendlavini itsho yanqamka.

Isidlo esenziwe nguNdikhoyo

[6]Izizwe zonke zehlabathi uNdikhoyo uSomandla-onke wozenzela isidlo eZiyon; sidlo eso soba zezona zimuncu-muncu, nditsho eyona inencasa inyama nesiqhoqhololo sewayini.

[7]Kule ntaba wolisusa ilifu elimnyama elasoloko ligubungele izizwe.

[8]Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo uya kukuphelisa tu ukufa, neenyembezi azisule kubo bonke abalilayo. Nengcikivo nokuhlazeka kwabantu bakhe wokuphelisa jikelele ehlabathini. Kaloku uthethile uNdikhoyo!

[9]Ngelo thuba bonke baya kuthi: “Ngenene nguThixo wethu lo! Sakholosa ngaye wasihlangula. NguNdikhoyo lo! Ngenene sikholose ngaye, ngoko ke ngoku masonwabe, ngoku ke masibe nemihlali, kuba yena usihlangule.”

[10] Pois a mão do Eterno repousará sobre este monte; contudo, Moabe será pisoteado em seu próprio lugar como a palha é pisoteada na esterqueira.

[11] Ali Moabe estenderá as mãos, como o nadador as estende para nadar; mas Yahweh abaterá a sua arrogância, apesar da agilidade das mãos de Moabe.

[12] Derrubará as altas fortalezas das suas muralhas; ele as abaterá e as destruirá até o pó!

Isaías 26

[1] E naquele grande Dia, este cântico será entoado em toda Judá: “Eis que temos uma cidade forte; Deus estabeleceu a salvação com muros e trincheiras inexpugnáveis!

[2] Abre as portas da cidade, para que entre uma nação justa, que se mantém leal!

[3] Ó Yahweh, tu guardarás em perfeita paz aquele cujo propósito está alicerçado em ti, porquanto deposita em ti toda a sua confiança!

[4] Confia para sempre no SENHOR, pois o Eterno, somente Yahweh, é a Rocha que vive eternamente.

[5] Certamente, ele humilha e abate os que habitam nas alturas, rebaixa e arrasa a cidade soberba e a lança ao pó.

[6] Ela será pisoteada: pisá-la-ão os pés dos pobres e os passos dos fracos.

[7] A vereda do justo é plana; tu, que és reto, torna suave o caminho do justo.

[10]Amandla kaNdikhoyo obonakala kule ntaba. AmaMowabhi aya kuxovulwa ngeenyawo oku komgquba ebuhlanti.

[11]Okhweba ngezandla ngathi ayadada; kambe konke kungancedi nto – uThixo wosuka awathobe, lihle elo kratshi lawo.

[12]Loo mapomakazi eenqaba, loo mihalambela yeendonga, uya kuwadiliza awe bhaxa!

UIsaya 26

Uloyiso lwabantu bakaThixo

[1]Ngelo thuba baya kumemelela bavume le ngoma kwelakwaJuda: Asomelele ngako isixeko sethu! Usindiso lumiselwe lwanga ziindonga neenqaba zaso.

[2]Khaniwavule amasango; vulani singene isizwe samalungisa, isizwe esihamba ngokunyaniseka.

[3]Ke wena ubathi jize ngenzolo abo banjongo zingajika-jikiyo, kuba behlala bekholose ngawe.

[4]Kholosa ngoNdikhoyo njalo-njalo; kaloku yena uNdikhoyo ngumqolomba ongasoz' uthini.

[5]Yena ngumthobi wabakhukhumeleyo, asichitha-chithe nesixeko esomeleleyo, iindonga zidilike zibe luthuli,

[6]baze abacinezelwa nabo basixovule, ewe, basixangxathe ngeenyawo.

[7]Indlela yamalungisa ngumthebelele; wena othe ngqo uyayilungiselelanisa indlela yawo.

[8] Andando pelo caminho dos teus juízos e mandamentos esperamos em ti, ó Eterno. O teu Nome e a tua lembrança são o desejo do nosso coração.

[9] A minha alma suspira por ti de noite, sim, no meu íntimo, o meu espírito te busca, pois quando os teus julgamentos se manifestam na terra, os habitantes do mundo aprendem o que significa: justiça!

[10] De fato, se o ímpio recebe graça, sem que aprenda a justiça, mesmo na terra da retidão, ele praticará o mal, sem ver a majestade de Yahweh.

[11] Erguida está a tua mão, ó Yahweh, mas eles não a conseguem contemplar! Que vejam, pois, o teu zelo para com o teu povo e sejam humilhados; que o fogo destinado aos teus adversários os consuma.

[12] Yahweh, tu estabeleces a paz para nós; tudo o que alcançamos, fizeste-o em nosso benefício!

[13] Ó Yahweh, ó nosso Deus, outros senhores além de ti nos têm dominado, mas nós, somente ao teu grandioso Nome louvamos.

[14] Agora eles estão mortos, não viverão mais, são sombras, não ressuscitarão! Tu, pois, os castigaste e os conduziste à destruição; apagaste por completo a lembrança de seus nomes!

[15] Expandiste a nossa nação, ó Yahweh; sim, fizeste crescer em muito a nossa nação e te cobriste de glória. Alargaste todas as fronteiras da nossa terra!

[16] Yahweh, no meio de grande angústia eles te buscaram, entregaram-se à oração, porquanto tua correção os flagelou.

[8]Naphakathi kwengqeqesho yakho, Ndikhoyo, sihlala sijonge kuwe; umnqweno neqhayiya lethu nguwe.

[9]Ebusuku umphefumlo wam ulangazelela wena; kusasa umoya wam uyazula ufuna wena. Xa ulohlwaya ihlabathi abemi balo bafunda ngobulungisa.

[10]Akuncedi nto ukwazelelela isikhohlakali; kaloku sivalekile, asibuqondi ubulungisa. Sona siyona nakwilizwe lamalungisa; asibuvumi ubungangamsha bukaNdikhoyo.

[11]Abachasi bakho, Ndikhoyo, abaqondi ukuba uyohlwaya; bahlazise ubayekele ngeenzima. Masibe phezu kwabo isohlwayo, ubabonise ikhwele onalo ngabantu bakho.

[12]Ndikhoyo, wena usithe jize ngenzolo kuyo yonke imisebenzi yethu; ewe, konke sisiqhamo sokwenza kwakho.

[13]Ewe, Ndikhoyo Thixo wethu, nokuba besingade silawulwe ngabanye kodwa thina sikhahlela kuwe.

[14]Ngoku ke bafile, kuphelil' okwabo; ewe, bona soze babuye bavuke. Kaloku wena ubavelele ngentshabalalo; usuke wabaphosa kwelokulibala.

[15]Usikhulisile isizwe sethu, Ndikhoyo, wayongeza okunene nemida yesizwe. Ngoko ke uzuze isihomo nesithozela.

[16]Beza kuwe ekuxakekeni kwabo; uthe ke wakubohlwaya, Ndikhoyo, suka bakhala bazibika kuwe.

[17] Como a mulher grávida, ao aproximar-se a hora do parto, se contorce e, nas suas dores, dá gritos, assim nos encontrávamos nós na tua presença, ó Eterno.

[18] Todos nós engravidamos e nos contorcemos de dor; contudo, quando demos à luz, eis que era vento, era nada: não conseguimos trazer salvação à terra; não fomos capazes de dar à luz a novos habitantes para o mundo.

[19] Contudo, os teus mortos viverão; seus corpos ressuscitarão! Despertai e cantai, pois, vós os que retornaram ao pó; despertai e cantai com grande júbilo. O teu orvalho é orvalho de luz; a terra dará à luz os seus mortos!

[20] Eia, povo meu, entra nos teus aposentos, esconde-te por um pouco de tempo, até que a ira do Justo tenha sido satisfeita.

[21] Porquanto Yahweh está para sair do seu domicílio, a fim de punir o crime dos habitantes da terra; e a terra confessará os seus delitos de sangue, ela não continuará a esconder os seus homicídios!

Isaías 27

[1] Então, naquele grande Dia, punirá Yahweh, o Leviatã, o monstro marinho, a serpente veloz, com o golpe de sua espada poderosa, decidida e severa. O SENHOR aniquilará em pleno mar a grande serpente que se torce e se enrola.

[17]Ewe, usitsho sanga ngumfazi, nditsho ojutyalaziswa yinimba lakuba lifikile ixesha lakhe, nathi ke sitsho sajubalaza sapena-pena

[18]phambi kwakho, Ndikhoyo. Suka saphithizela ngathi siyalunywa, phofu kuthe kanti yigalimoya. Kaloku asiluhambisanga usindiso; asibandisanga abantu emhlabeni.

[19]Abangasekhoyo bakho, Ndikhoyo, bona bobuya bavuke; kuya kuvuka bona ngenkqu, badle ubomi – nditsho bonke abalinde emadlakeni, bothi khwaphululu batsholoze ngemincili. Njengombethe unyephisa umhlaba uNdikhoyo ke uya kwenjenjalo ukubavusa abo basishiya mandulo.

[20]Ngenan' emagumbini enu, bantu bam; ewe, ngenani nizivalele kaloku, nikhe nizifihle okomzuzwana nje, ide ithothe le ngqumbo yakhe.

[21]Kaloku uNdikhoyo yena uyeza; wosuka aphume ekhayeni lakhe, aze kubohlwaya abemi behlabathi, kuba kaloku bona basuke bona. Nomhlaba ngokwawo wosuka uthethe uwaxele amagazi aphalele kuwo; wosuka ubaveze abo babulawayo.

UIsaya 27

Umgwebo nebuyambo

[1]Ngelo thuba ke uNdikhoyo uya kusebenzisa elo krele lakhe ligeqayo, ayohlwaye inabulele, alibulale elo gongqongqo lijubalaze libhinyalaze elwandle.

[2] Naquele Dia se exclamará: “Cantai todos sobre a grande vinha frutífera!

[2]Ngelo thuba ke uNdikhoyo uya kuthi: “Yinzwakazi yesidiliyazana, khanintyontyele!

[3] Eu, o Eterno, sou o teu vigia, rego-a continuamente; para que nada nem ninguém lhe cause mal algum. Vigio-a e protejo-a noite e dia.

[3]Mna Ndikhoyo ndingumalusi waso, mna ndisinkcenkceshela rhoqo; nangobhadakazi andilali, ndalusa sona, hleze ubani asonakalise.

[4] Eis que não estou irado. Se espinheiros e roseiras selvagens me fizerem oposição, eu avançarei contra eles e os exterminarei a fogo.

[4]Ngoku umsindo wam uthothile. Akwaba ebekho ameva, ngendiwatshisa; ewe, bendiya kulwa nawo ngenene.

[5] A não ser que se rendam e venham buscar refúgio em mim; que façam as pazes comigo!”

[5]Zona iintshaba mazizimele kum, mazizabalazele uxolelaniso; ngenene mazicele uxolo.”

[6] Em um futuro que se aproxima Jacó lançará raízes, Israel terá botões e flores e encherá o mundo de frutos excelentes.

[6]Ngemihl' ezayo uYakobi uya kumila; ewe, uSirayeli uya kudubula aqhakaze; ilizwe lophuphuma yimveliso yakhe.

[7] Porventura o Eterno o feriu como aqueles que o feriram? Porventura ele foi morto como foram mortos os que o feriram?

[7]USirayeli noko yena akohlwaywanga kangako, noko akafaniswanga neentshaba zakhe, akatshatyalaliswanga njengabagwinti bakhe.

[8] Pelo desterro e pelo exílio o julga, com seu sopro forte e severo ele o expulsa, como o vento Oriental, num dia de tempestade.

[8]Yena wohlwaywe ngokuthinjwa, suka yena wafuduswa ngesaqhwithikazi somoya, njengeso somoya wasempuma.

[9] Porque, desse modo, será expiada a iniquidade de Jacó. Esse será o fruto que ele há de recolher da renúncia ao seu pecado, quando reduzir todas as pedras do altar a pedaços, como se fossem pó de giz; quando as estelas, os postes sagrados e os altares de incenso já não permanecerem de pé.

[9]Isono sikaYakobi ke socanyagushelwa, oko ke kube sisiqhamo sokuxolelwa kwakhe, akuba amatye amaqonga ecoliwe, nditsho amaqonga oothixo basemzini. Bowacumza njengelitye elinkum-nkum, kungabi sabakho qonga lasiqhumiso, kungasali namfanekiso ka-Ashera.

[10] De fato, a cidade fortificada ficou reduzida a mais completa solidão, a uma campina largada, abandonada e esquecida como o deserto; ali os bezerros pastam e se deitam e desfolham os seus ramos.

[10]Satsho salilolo isixeko esinqatyisiweyo. Mzindini obalekiweyo washiywa, ngoku sowumatwa nentlango. Kulapho adla khona amathole, anqunquda anqunqude acambalale.

[11] Quando os seus ramos secarem e se quebrarem; mulheres virão e os levarão para fazerem fogo com eles, porquanto esse é um povo sem sabedoria, sem compreensão. Portanto, aquele que o criou não tem compaixão dele, aquele que o formou não lhe demonstra misericórdia.

[12] E sucederá naquele grande dia que Yahweh, o SENHOR, fará uma debulha geral de espigas: desde as margens do Rio, o Eufrates, até o ribeiro do Egito, e vós, ó filhos de Israel, sereis respigados, ajuntados um a um.

[13] Acontecerá também naquele dia que se tocará um grande Shofar, uma grande trombeta. E aqueles que estavam perecendo na Assíria e os que estavam expatriados no Egito retornarão e adorarão a Yahweh no monte santo, em Jerusalém!

Isaías 28

O anúncio do castigo de Efraim e de Judá por causa da sua impenitência

[1] Ai daquela coroa orgulhosa dos bêbados de Efraim e da flor murcha do seu enfeite elegante, que está sobre a cabeça do vale fértil dos que se deixam dominar pelo vinho.

[2] Vêde! O Eterno envia alguém que é poderoso e forte. Como a chuva de granizo e vento arrasador, como violento aguaceiro e tromba d’água que tudo inunda, ele a lançará com força ao chão.

[3] A coroa orgulhosa dos embriagados de Efraim será pisoteada.

[11]Amaseb' emithi oma ade aqhuzuke, bancedakale ke abafazi ngezo nkuni. Kaloku esi sisizwe esingaqondiyo, ngoko ke tu usini kuMdali waso; ewe, uMxonxi akayi kuba naluvelwano.

[12]Ngelo thuba uNdikhoyo uya kubaqokelela abantu bakhe ngabanye ngabanye, oku komntu obhulayo esahlula ingqolowa nomququ. Ewe, uya kuqalela kumlambo iEfrati, aye kuthi xhaxhe kumda waseJiputa.

[13]Kwangelo thuba kuya kuhlokonyiswa isigodlo, sibabize beze bephuma eAsiriya naseJiputa, apho babethinjwe khona. Baya kubuya bafike banqule uNdikhoyo kwintaba yakhe eyodwa eJerusalem.

UIsaya 28

Isilumkiso kwiSamariya

[1]Kwaza kwanyembeleka, Samariya echophe phezu kwentili echumayo, ntshingandini iliqhayiya kwiinkokheli eziyantazayo zakwaEfrayim; dumasindini elitshitsha njengentyatyambo, bhongondini lamanxila!

[2]INkosi inengwanyalala eseyichophel' ukuhlasela. Sisitshu esofika ngathi sisiphango; yintw' engathi sisandyondyo semvula; ilizwe labo ngathi lisityekelwa ngunogumbe.

[3]Woyiphosa phantsi emhlabeni! Loo ntshinga yeenkokheli ezinxilayo zaseSamariya yonyathelwa ixotyongwe ngeenyawo.

[4] Sua magnífica beleza estabelecida na cabeça de um vale fértil é agora apenas uma flor que murcha e apodrece. Eis que ela será como figo maduro antes da colheita; quem o vê, logo o apanha e come.

[5] Naquele Dia, portanto, Yahweh dos Exércitos é que será uma coroa de esplendor e uma grinalda magnífica destinada ao remanescente do seu povo.

[6] Ele será um espírito de justiça para quem se assenta para julgar, fortaleza para todos que impedem que a batalha passe pela porta.

[7] Mas estes também cambaleiam por causa de muito vinho e se desencaminham com a bebida forte; até o sacerdote e o profeta caminham cambaleantes por causa da bebida forte, estão tontos de vinho, perdem o equilíbrio e seus caminhos por causa da ingestão de grande quantidade de bebida forte; erram nas visões e tropeçam nos julgamentos.

[8] Pois todas as suas mesas estão cheias de vômito e não há um só lugar limpo.

[9] A quem ele ensinará a sabedoria? A quem fará compreender o conhecimento e a mensagem? Às crianças recém-tiradas do peito? Aos desmamados?

[10] Portanto, o que exclama é: ‘Preceito sobre preceito! Ordem sobre ordem, regras e mais regras sem sentido; um pouco aqui, um tanto ali!’

[11] E assim, com lábios trôpegos e língua estranha Deus falará a este povo,

[4]Loo ntyatyambo itshitshayo, ichophe phezu kwentili echumayo, yoba ngathi lulibo lwamakhiwane, lona luthi lungavela luqhawulwe lutyiwe.

[5]Ikho kamb' imini ezayo; uNdikhoyo uSomandla-onke woba ngathi yintshinga, isiqhwaqhwalala sembasa yeentyatyambo; uya kuba njalo kwelo qaqobana lisindileyo.

[6]Ke bona abo bachophel' ukugweba wobathi jize ngomoya wokwazelelela; abayi kusilela noolindikhaya emasangweni – wobakhuthaza abaphe ukomelela.

Abashumayeli abanxilayo

[7]Nababingeleli ngokwabo bayanxila, nabashumayeli bayagxadazela butywala. Utywala babusela bade bahexe; ungafika beyotywe bade badideka. Abashumayeli bathwangeke bancitheka, nkqi ukuluqiqa udaba lukaThixo; nababingeleli bayashwantshatha butywala, abanako ukuyicalula imicimbi.

[8]Iitafile – mh-mh-mh, zibondekile! Zitsho zangamanangalala bobubuyayo; kurhiphilili, akukho nendawo!

[9]Kodwa bakhalaza bathi: “Ngubani ongafundiswa nguye? Ntshumayeloni yona leyo? Suka! Ifanel' iintsana, yini le! Ilingen' abakhov' ukulunyulwa!

[10]Khanimbone ukuzimisela kwakhe! Khanimve epitiliza ubugoci-goci; yenjenje, yenjenjeya, nci-nci-nci-nci, yonk' inanana!”

[11]Ngoko ke uThixo wonithumel' iintlanga, isizw' esilwimi lungaziwayo; ngaso woninik' isifundo.

[12] ao qual proclamará: “Este é o descanso! Dai repouso ao exausto. Este é o lugar tranquilo e do pleno descanso!” Entretanto, eles não quiseram dar ouvidos.

[13] E, por esse motivo, a palavra de Yahweh para eles será: “Preceito sobre preceito! Ordem sobre ordem, regras e mais regras sem sentido; um pouco aqui, um tanto ali!” E isto para que saiam, caiam de costas, firam-se, fiquem presos em armadilhas e, por fim, sejam capturados.

[14] Ouvi a Palavra de Yahweh, ó homens insolentes, vós líderes e governadores deste povo que vive em Jerusalém!

[15] Pois que dizeis: “Firmamos uma aliança com a morte, com o Sheol, a sepultura, fizemos um pacto. Quando o flagelo do extermínio chegar, não nos atingirá, pois da mentira fizemos nosso abrigo e na falsidade temos o nosso refúgio!”

[16] Por isso declara Yahweh, o Eterno: “Eis que coloco em Tsión, Sião uma pedra, uma rocha já experimentada, uma preciosa pedra angular para estabelecer um alicerce verdadeiro e seguro; nela está escrito: “Quem crer em mim jamais será abalado!”

[17] Estabelecerei o direito como lei e a justiça como o fio de prumo. Contudo, quanto ao refúgio da mentira, o granizo o varrerá, e o seu esconderijo, as muitas águas o submergirão!

[18] Sua aliança com a morte será anulada; seu pacto com o Sheol não subsistirá.

[12]Ngani nina aba kanye wathi: “Yiyo le intuthuzelo nokuphumla kwenu; le yindawo yokuphumla!” Suka ke nina anamhoya.

[13]Ngenxa yoko ke yena uNdikhoyo wosuka abe yinto nani; uza kunifundisa bonke ubugoci-goci, anithi nca ngabo ubucukubhede. Wonithi mbende ngenkcukacha nenanana! Ngoko ke nosuka nithi thwanga, noba ngasus' unyawo nikhubeke; nosuka nenzakale ningxwelerheke; norhintyelek' emigibeni nithinjwe.

Ilitye lesiseko

[14]Iinzwi, ke nina bagxeki, nditsho nina balawul' eJerusalem! Yivani; uyatheth' uNdikhoyo.

[15]Kaloku nina niqhayisa ngokuthi: “Thina senze umnqophiso nokufa; sinesivumelwano nalo elabafileyo.” Suka nazikhohlisa ke nisithi: “Nangomhla wesithwakumbe ke thina sothubeleza; thina kaloku siqamela ngokuxoka, inkohliso nobuxoki yinqaba yethu.”

[16]INkosi enguNdikhoyo ke yona ithi: “EZiyon ndibeka isiseko esingagungqiyo; kuso ndifak' inyengane ekhethiweyo entsingiselo ithi ozinikezeleyo akasayi kukhukhuliseka.

[17]Umthetho ndowenza umtya wokulungelelanisa, ubulungisa bube yintambo yokundindanisa. Ubuxoki benu botshayelwa sisichotho, iimpuphuma ziyikhukulise inqaba yenu.

[18]Umnqophiso wenu nokufa uya kutshitsha, nesivumelwano nelabafileyo sonqamka.

Quando vier o tempo da calamidade arrasadora sereis arrastados por ela.

[19] Toda vez que vier, vos atingirá e arrastará; passará manhã após manhã, de dia e durante a noite!” Todas as vezes que ouvires tal notícia ficareis aterrorizados.

[20] A cama se tornará estreita demais para que alguém possa deitar e descansar; o cobertor é curto demais para que possa cobrir e acalentar todo o corpo.

[21] Porque Yahweh se levantará, como no monte Perazim, e sua ira o inflamará, como no vale de Gibeão, para realizar a sua obra, a sua obra estranha, e para executar o seu ato, o seu ato inaudito.

[22] Agora, portanto, não continueis a zombar, para que os vossos grilhões não se façam ainda mais fortes; porque já do Eterno, o SENHOR dos Exércitos, ouvi falar de uma destruição, e essa já está determinada sobre toda a face da terra.

[23] Inclinai vossos ouvidos e prestai atenção a minha voz; escutai e atentai ao meu discurso!

[24] Porventura o lavrador que semeia lavra sem parar? Fica o tempo todo cavando e gradeando a terra?

[25] Claro que não! Depois de nivelar o solo, ele não espalha o endro, semeia o cominho, lança o trigo em eiras, a cevada no terreno próprio e a espelta, o trigo duro, nas margens?

[26] Ora, o seu Deus lhe dá toda a orientação necessária e lhe ensina o caminho.

[27] Por isso não se debulha o endro com instrumento de trilhar, e sobre o cominho

Ekugalelekeni kwaso isithwakumbe sona siya kunibetha sinongamele.

[19]Isithwakumbe sobetha sinikhukhulise; kobe ngasa ibe siso nani. Soba ngunonca imini nobusuku.” Ukuchazwa kolu daba kuya kunirhwaqelisa.

[20]Wozaliseka ke nomzekeliso othi: “Akukho kunaba – umandlalo mfutshane; kanti nengubo libhayi – ayambathisi.”

[21]Kuba uNdikhoyo uya kulwa njengamhla mnene, nditsho apho kwintaba iPerazim. Koba ngathi kukwintili yaseGibhiyon; woba ufezekisa umsebenzi ongalindelekanga, ephumeza oko kuhlasimlisayo.

[22]Ngoko ke, khawuthi cwaka, mgxeki, hleze akusinde amakhamandela akho; kuba sivakele kum isandi sentshabalalo, isaziso esimiselwe lonke ilizwe, siphuma kuMhlekazi uNdikhoyo onamandla onke.

Ubulumko buvela kuThixo

[23]Inzwi; yivani, maSirayeli! Khanibek' iindlebe, ndiyathetha!

[24]Mlimi wuphi olim' intw' engenasiphelo? Mlimi waphi ogelesha njalo? Hayi bo! Ngunotshe lowo!

[25]Yena uyalima ade agqibe; egqibile ke uhlwayela idile noba yikumin, mhlawumbi atyale noba yingqolowa; kungenjalo ke ahlwayele ihabile, zonke ke ngeendawo zazo.

[26]Kanene akaqeqeshwanga na nguThixo wakhe? Ewe, uwufundisiwe lo msebenzi.

[27]Obhula idile akasebenzisi sileyi, engayibhuli nanganqwelo ikumin. Hayi,

não se faz passar roda de carro; retira-se o endro com vara e o cominho com um bastão de madeira.

idile uyibhula ngesibhulo, ikumin ayibethe ngomchiza.

28 Também é preciso sabedoria para moer o cereal e fazer pão; por essa razão ninguém o fica malhando para sempre. Fazem passar as rodas da trilhadeira sobre o trigo, mas os seus cavalos não o trituram.

28Andithi iyasilwa na ingqolowa? Hayi kaloku, akayibhuli okokoko, engayicoli nditsho nangenqwelo, kanti ke namahashe akayigrayi.

29 Todo esse conhecimento vem da parte de Yahweh dos Exércitos, magnífico em conselhos e maravilhoso em sabedoria!

29Obo bulumko ke buvela kuNdikhoyo uSomandla-onke; kaloku yena yintshatsheli ngamacebo, ngenene yena ubalasele ngobulumko.

Isaías 29

Profecia contra Judá infiel. Promessa de livramento

1 Ai de Ariel! Ariel, a cidade onde acampou Davi. Acrescentem um ano a outro e deixem seguir o seu ciclo de festas.

2 Contudo, Eu colocarei Ariel sob provação! Eu a sitiarei para que se lamente e pranteie, e assim esta cidade será como seu próprio nome: Ariel, uma fornalha de Deus!

3 Eu te cercarei com torres e vigiarei ao teu redor. Estabelecerei postos de sítio e erguerei trincheiras contra ti.

4 Serás abatida e prostrada sobre o solo passarás a falar; a tua palavra virá abafada pelo pó do chão. A tua voz será ouvida como a de um espírito que se encontra debaixo da terra.

5 Entretanto, os seus muitos adversários se tornarão como o pó fino, as hordas cruéis, como palha carregada pelo vento. Repentinamente, num instante,

6 serás visitada por Yahweh dos Exércitos com trovões, com estrondos e com grandes

UIsaya 29

Libhek' umoya kwiJerusalem

1Kunyembelekile kuwe, Ariyeli, sixeko esathinjwa nguDavide! Mayijikeleze ihambe iminyaka; mayenjenjalo nemibhiyozo yonyaka.

2Kodwa mna Ndikhoyo ndokuhlasela, Ariyeli; yoba sisijwili nokuyayatheka, kum ube ngathi liziko elivuthayo.

3Ndokuhlasela ndikungqinge ngeendonga, ndikujikeleze ngeembonisielo.

4Uya kuthotyelwa eluthulini, uthethe ngelizw' elivumbuluk' emhlabeni, usebeze ngelezithunzela.

5Kodwa ke iintshaba zakho zovuthululwa njengothuli, imikhosi eyomeleleyo itshayelwe njengomququ. Ngethuba elingephi, ngephanyazo,

6uNdikhoyo uSomandla-onke uya kukuhlangula; uya kutsho ngentswahla

rugidos, com tufões e tempestades, com chamas de fogo devorador.

yeendudumo nenyikima, ibe sisivungu-vungu esigquthezayo, umlilo nedangatye elilenyezayo.

7 Tudo acontecerá como em um sonho, como ocorre numa visão noturna: a horda de todas as nações a guerrear contra ti, ó Ariel; a movimentação de todos que a combatem, sitiam e a submetem à grande pressão,

7Yonke imikhosi yezizwe ezihlaselayo, ezihlasela iAriyeli, izixhobo nezikrweqe zazo konke nje, koba njengephupha, njengombono wasebusuku.

8 como quando uma pessoa faminta sonha que está se alimentando, mas acorda e percebe que sua fome continua; como quando um homem sedento sonha que está saciando sua sede, mas desperta ainda enfraquecido, sem ter matado a sede. Assim sucederá com as hordas de todas as nações que batalham contra o monte Tsión, Sião.

8Kofana nomfo olambileyo ephupha, engathi uyatya, kodw' akuvuk' usalambile; okanye umntu othe khothe lunxano, ophuph' esela, phof avuke esanxaniwe. Koba njalo ke ukuphoxeka kwemikhosi yezizwe leyo ihlasela intaba yeZiyon.

Ukungahoywa kwezilumkiso

9 Sendo assim, enchei-vos de surpresa! Ficai pasmos; cegai-vos a vós mesmos e permanecei sem enxergar! Embriagai-vos, mas não com vinho, cambaleai, todavia não por causa de bebida forte,

9Zithwangeni nitsho nibe zizityhakala; zimfamekiseni ke, nitsho nimfameke; nxilani, noba anikhange nibufake; gxadazelani, ningaselanga tywala.

10 porquanto Yahweh derramou sobre vós um espírito de torpor, fechou-vos os olhos a vós que sois os profetas; cobriu-vos a cabeça, vós que sois videntes.

10 UNdikhoyo unitsho nangamayosi-yosi; unitsho nayeketheka bubuthongo. Kaloku amehlo enu avalekile, neentloko zenu zincithekile; ewe, abashumayeli benu ababoni, abaqiqi.

11 Para vós toda a visão não passa de palavras seladas num sêfer, um livro. Ora, e se déreis esse livro a alguém que saiba ler e lhe pedirem: “Lê isto, por favor!” ao que tal pessoa replica: “Impossível, pois este livro está lacrado!”

11Intsingiselo yemibono iya kufihlakala kuni, ifane nencwadi ecikiweyo. Niya kuthi nakuyisa kwabo baziyo, nisithi: “Khanisifundele,” bathi: “Asinako, kuba itywiniwe.”

12 Ou ainda, se entregares este livro a uma pessoa que não sabe ler, suplicando-lhe: “Lê

12Nothi ke nakuyinika umntu ongafundanga ukuba anifundele, aphendule athi: “Andikwazi ukufunda.”

isto, por favor!" Mas a isto ela responde: "Sinto muito, não sei ler!"

13 Eis que assim declara o Eterno: "Visto que este povo se chega junto a mim apenas com palavras sem atitude, e me honra somente com mover dos lábios, enquanto seu coração está muito distante da minha pessoa. E a adoração que me prestam é constituída tão somente de regras e doutrinas criadas por homens,

14 o que me resta é continuar a apavorar este povo com obras maravilhosas e feitos assombrosos, a fim de que o conhecimento dos seus sábios pereça, e a inteligência dos seus pensadores se desvaneça!"

15 Ai daqueles que mergulham nas profundezas para esconder seus planos de Yahweh, que agem nas trevas e imaginam: "Quem há de ver-nos aqui? Quem ficará sabendo o que estamos fazendo?"

16 Ó, que perversão e presunção a vossa! Que é isso que pensas: tratar o oleiro como argila! Porventura o objeto formado pode alegar àquele que o formou: "Ele não me fez?" E o vaso poderá dizer ao oleiro: "Ele nada entende do ofício?"

17 Porventura não será o Líbano logo transformado em campo fértil e não se pensará que o campo fértil é uma floresta?

18 Naquele Dia, os surdos ouvirão as palavras do livro, e os olhos dos cegos, livres da escuridão e das trevas, tornarão a enxergar.

13Suka ke iNkosi yathi: "Aba bantu basondela kum ngomlomo, bandihlonela ngalo umpaku-mpaku; iintliziyo zabo zona zikude lee, inkolo yabo imi ngeziqhelo kuphela.

14Ngoko ke mna ndosuka ndiphinde ndibancithe ngesishiqi phezu kwesithwakumbe, nobulumko beengqondi butsho buthi shwaka, nobungcaphephe bamaqili butsho bunyamalale."

Ikamva liyathembisa

15Asazi ke kwabo bazifihlayo – kunyembelekile kwabafihlela uNdikhoyo iinjongo zabo, kwabo benza izinto ebumnyameni, besithi: "Ngubani oya kusibona? Ngubani oya kusazi?"

16Iinto zonke bona bayazibhukuqa: kukho udongwe nombumbi – yiyiphi eyona-yona? Into ebunjiweyo ingamsola na umbumbi isithi: "Andenziwanga nguye"? Udongwe lungatsho na kumxonkxi ukuthi: "Awunangqiqo"?

17Kaloku kukho isimbo esithi: "Amahlathi aseLebhanon ojika abe ngumyezo weziqhamo, ke wona umyezo ube ngamahlathi."

18Ngaloo mini ke nesithulu siya kuva; siya kuweva amazwi afundwa encwadini. Nemfama ehlala esithokothokweni sobumnyama ovuleka amehlo ayo, itsho ibone.

[19] Mais uma vez os humildes se alegrarão em Yahweh, e os pobres e necessitados exultarão no Santíssimo de Israel.
[20] Será o fim do tirano e do malvado, o zombador desaparecerá e todos os de olhos inclinados para o mal serão eliminados,
[21] os quais com uma palavra fazem réu o inocente, no tribunal negociam e trapaceiam contra o defensor, e com testemunho falso e outras mentiras evitam que se faça justiça ao homem íntegro e sem culpa.
[22] Por isso Yahweh, que redimiu Abraão, diz à descendência de Jacó: "Eis que Jacó não mais ficará envergonhado, nem sofrerá humilhação; a sua face já não se cobrirá de palidez!
[23] Porque, ao ver os seus filhos, obra das minhas mãos, entre seu povo, ele proclamará o meu Nome, reconhecerá a glória divina do Santo de Jacó,
[24] e no amor reverente ao Deus de Israel permanecerá. Os desorientados de espírito obterão sabedoria; e os queixosos e murmurantes aceitarão a instrução!"

Isaías 30

[1] "Ai dos filhos teimosos e rebeldes!" – oráculo de Yahweh – "que executam planos que não são meus, celebraram pactos e alianças sem minha aprovação, e tudo o que fazem é ajuntar pecado sobre pecado,
[2] que partem para descer ao Egito, sem me consultar, buscando abrigo à sombra do Egito.

[19]Nabo bangazelwe nto uNdikhoyo uya kubavuselela ngolonwabo; abahlelelekileyo boba nemihlali ngoYedwa kaSirayeli.
[20]Eso soba sisiphelo seendlobongela, batsho banqamke abamgxekayo uThixo, nabaququzeleli bobubi batsho baphele.
[21]Baya kutshabalala abaphixanisayo; konyembeleka kwabacupha abantu ngobugqwetha; abo bajika ubulungisa ngobuxoki, bacudulele abantu abamsulwa.
[22]Ngoko ke ngoku uNdikhoyo owakhulula uAbraham uthi mayela nendlu kaYakobi: "UYakobi akaphindi abe semahlazweni, engasoze aphinde abuye anxube!
[23]Akubona inzala endiya kumpha yona, abantwana abangumsebenzi wam, uya kutsho avume athi mna ndinguYedwa kaYakobi. Ngenene, uya kundihlonela, akhahlele kum, mna Thixo kaSirayeli, alidumise igama lam elilodwa.
[24]Nabo banxaxhileyo bofumana ingqiqo, nabo bambombozelayo bayamkele ingqeqesho."

UIsaya 30

Isivumelwano esingancediyo

[1] UNdikhoyo uthethe wenjenje: "Libhek' umoya kusapho olunenkani, abo benza izigqibo ngaphandle kwam, abenza izivumelwano ngaphandle kwam; izono zabo ziyelekelana.
[2]Bona basuka babhenela eJiputa; abanaxesha lokubuzisa kum. Nto bayifunayo kukukhuselwa yiJiputa; nto

bayingxameleyo liphiko lokumkani walapho.

[3] Mas o socorro do faraó se vos tornará em humilhação e o abrigo à sombra do Egito, em vergonha e ultraje.

[3]Ukhuselo lweJiputa yimpoxo yodwa; nto ningayizuzayo kukuhlazeka kuphela.

[4] Com efeito, os seus príncipes e líderes estiveram em Zoã, os seus embaixadores chegaram até Hanes.

[4]Bona banawo amagosa eZowan, banabo noonozaku-zaku eHanes,

[5] Todos se envergonharão por causa de um povo que lhes é inútil, que não traz ajuda nem qualquer vantagem, mas apenas desmoralização e opróbrio."

[5]kambe ke wonk' umntu uya kuphoxeka ngenxa yesi sizwe singento yanto, isizwe esingenaluncedo nacebo ngaphandle kwamahlazo namanyondololo."

[6] Oráculo contra os animais do Neguebe: Atravessando uma terra hostil e de aflições, com muitas leoas famintas e com o leão rugidor; terra repleta de víboras e serpentes velozes, os embaixadores enviados transportam suas riquezas no lombo de jumentos, seus tesouros, nas corcovas de camelos, para um povo que não lhes pode valer.

[6]Nalu ke udaba olundilisekileyo mayela nezilo zentlango yasezantsi: Oonozaku-zaku bacanda kweleembandezelo neengozi, kwilizwe abakrotywa ziingonyama, apho kuphithizel' iinyok' ezinobuhlungu, zikwalapho nezitshu zamagongqongqo. Iidonki neenkamela zabo ziyasuntsubala yimithwalo ezizipho ezixabisekileyo, ziphiwa isizwe esingento yanto.

[7] Sim, o auxílio do Egito é absolutamente inútil e vão. Eis por que lhe chamei Raabe hammoshbat, Monstro arrogante e preguiçoso.

[7]Kaloku iJiputa ize, ayinaluncedo mpela; yiyo loo nto ndiyibiza ngokuthi nguRahabhi ongenamsebenzi, nditsho ikhwang' elinqunyulwe neempondo.

Isizwe esingevayo

[8] Vai agora, portanto, e escreva isto sobre uma tábua, grava-o, pois, em um livro, a fim de que nos dias vindouros seja um testemunho eterno,

[8]UThixo wandiyalela wathi: "Krola ecwecweni, ubhale encwadini, obo ibe bubungqina obuhlala buhleli.

[9] porquanto este povo é rebelde, constituído de filhos desleais, de filhos que se recusam a ouvir as leis e conselhos de Yahweh,

[9]Aba ngabantu abangalawulekiyo, sisizukulwana esinenkohliso, abantu abangazimisele kuphulaphula, abayichasayo ingqeqesho kaNdikhoyo.

[10] e ordenam aos videntes: "Não tenhais mais visões!" E aos profetas: "Não mais nos reveleis a justiça e o que é certo a fazer!

[10]Kubashumayeli bathi: 'Yithini cwaka ngemibono! Sanukusifundekela

Dizei-nos apenas o que é agradável aos ouvidos para se ouvir; profetizai ilusões.

11 Afastai-vos do Caminho, apartai-vos da vereda verdadeira; fazei desaparecer da nossa presença o Santo de Israel!”

12 Diante disto, assim declara o Santo de Israel: “Visto que rejeitastes esta palavra e pusestes a vossa confiança na fraude e na tortuosidade e vos estribais sobre elas,

13 este comportamento perverso será para vós como uma brecha que forma uma saliência em um alto muro, cujo desmoronamento se dá em um repente.

14 Ele fará em pedaços como um vaso de barro, tão esmigalhado que entre os seus muitos pedaços não se achará um caco que sirva para pegar brasas de uma lareira ou para tirar água da cisterna!”

15 Com efeito, assim diz o Soberano Yahweh, o Santo de Israel: “No arrependimento, na conversão e na paz produzida pela fé está a vossa salvação; na paciência e na tranquilidade está o vosso poder; contudo, vós o rejeitastes!

16 E ainda exclamastes: “Não, antes, fugiremos a cavalo!” Pois bem haveis de fugir. E declararam mais: “Montaremos sobre cavalos velozes!” Pois assim seja, os vossos perseguidores serão mais velozes!

17 Mil yeherad tremerão diante da ameaça de ehad, um, guerreiro; diante da ameaça de cinco inimigos, todos fugirão, até que todos sejais deixados como um mastro no alto de um monte, como uma bandeira sobre a colina!”

18 Contudo, Yahweh espera o momento de ser mais uma vez misericordioso e mostrar-

ngeemfanelo zethu! Sithuthuzeleni sihlale sinje; siboneleni okungamampunge.

11Sudukani, sanukuxaba endleleni; asifuni nokuva ngoYedwa uThixo kaSirayeli.’ ”

12Ngoko ke uYedwa kaSirayeli uthi: “Ngokuba ningaluvumanga olu daba, koko nisuke naqamela ngenkohliso nengcinezelo,

13ngoko ke anikho lityala, nifana nqwa nodonga oluphakamileyo olunenkenkewula yethanda; ewe, sekulindeleke isithonga nanini na.

14Losuka lupharhake ngathi yingqayi entlekeke yaba ziingceba ezingenakukha malahle eziko namanzi equleni.”

15Utsho uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho uYedwa kaSirayeli, uthi: “Nosinda ngenguquko nokuzinikezela kum; amandla enu kukuzola nokuthembela kum. Phi ke, nisala nje!

16Ndaweni yaloo nto nithi: ‘Sosuka sisabe ngamahashe.’ Ewe, kungaba njalo. Nithi: ‘Amahashe ethu angaphala gqitha.’ Ewe, amahashe enu angaphala nakangako kodwa nofunyanwa ngabanisukelayo.

17Iwaka losukeliswa lijoni elinye; xa ninonke niya kugxothwa ngamajoni amahlanu qha, nibaleke nisabe nibe njengendwe emi yodwa entabeni phaya, nayo ke iyeyentlaba-mkhosi.”

18Kambe ke uNdikhoyo usanilindele, usazungula ukunibabala ngesisa. Kaloku

vos a sua graça, ele se ergue para demonstrar-vos toda a sua compaixão, porquanto Yahweh é Deus de justiça. Como são felizes todos os que nele depositam confiança e esperança!

[19] Ó povo de Tsión, Sião, que habitas em Jerusalém, certamente tu não tornarás a chorar. À voz do teu clamor, ele fará sentir a sua graça; assim que ele ouvir a tua súplica te responderá.

[20] Ainda que o Eterno te ofereça o pão da adversidade e a água da aflição, o seu Mestre não tornará a esconder-se, sim, os teus olhos verão aquele que te instrui.

[21] Teus ouvidos escutarão uma palavra atrás de ti: “Este é o Caminho, segui-o já!”

[22] Então tratarás como impuras as tuas imagens revestidas de prata e os teus ídolos recobertos de ouro; lançá-las-ás fora como obras imundas e lhes ordenarás: “Fora daqui!”

[23] Ele enviará chuva à sementeira que semeaste e a terra proporcionará alimento rico e em abundância. Naquele dia o teu gado pastará em grandes prados.

[24] Os bois e os jumentos que lavram o solo comerão forragem e sal espalhados com forcado e pá.

[25] Sobre todo monte alto e sobre todo outeiro elevado haverá cursos d’água e mananciais, no dia da grande matança, ao ruírem as fortalezas.

[26] Então a luz da lua será igual à luz do sol, e a luz do sol será sete vezes mais forte,

yena nguThixo ongajika-jikiyo; hayi ithamsanqa labo bakholosa ngaye!

UThixo wobasikelela abantu bakhe

[19]Ewe, nina bemi baseJerusalem, anisayi kuphinda nilile. Kaloku uNdikhoyo unenceba; ngoko ke nothi nakuzibika kuye asabele.

[20]Nangona uMhlekazi eya kuniyekela ngamaxesha enkxwaleko, kodwa nguye ngokwakhe oya kunithundeza; niya kumqonda lowo uya kunifundisa.

[21]Niya kuthi nakuphambuka abe selekhona; nimve esithi: “Yizani, nants' indlela.”

[22]Ke yona loo mifanekiso yenu niyinqulayo ityatyekwe ngesiliva, naleyo ityatyekwe ngegolide, iya kugqwaliseka oku kwesishuba somfazi, niyithathe niyilahle kude, niyichile nithi: “EMbo-o-o!”

[23]Ngexesha lokulima uNdikhoyo uya kuyivulela imvula, iphume imbewu eniyityalileyo, nezityalo zikhule zitsho ngesingayiwayo isivuno. Ngelo thuba ke neenkomo zenu ziya kudla kumadlelo abanzi ayokozelayo.

[24]Ke zona iinkabi needonki enilima ngazo ziya kondliwa ngomxube wezidlo zodidi.

[25]Kogqabhuka imithombo yamanzi ezintabeni nasezindulini ngaloo mini inkulu yokuhlaselwa nokuwa kweenqaba zeentshaba zenu, nazo ngokwazo zibulawe.

[26]Inyanga yoqaqamba njengelanga, ke lona ilanga liqaqambe ngokuphindwe

como a luz de sete dias reunidos, no dia em que Yahweh pensar a ferida do seu povo e curar a chaga resultante dos muitos golpes que sofreu.

[27] Eis que o Nome de Yahweh vem de longe, ardente é a sua ira, e grave é a sua advertência! Os seus lábios transpiram indignação e sua língua é como um fogo devorador.

[28] Seu sopro é como uma torrente impetuosa que sobe até o pescoço. Ele faz sacudir as nações na peneira do extermínio; ele coloca na boca dos povos um freio que os conduz para fora do Caminho.

[29] O cântico se apoderará de vós e cantareis como em noite de festa sagrada; vossos corações se regozijarão com a alegria de quem marcha ao som da flauta, ao dirigir-se ao monte do Eterno, à Rocha de Israel.

[30] Yahweh fará com que os homens ouçam a sua voz majestosa e os levará a ver seu braço forte descendo com ira impetuosa e fogo consumidor, e ainda, com tempestades, raios, enchentes e terríveis chuvas de granizo.

[31] Em verdade, à voz de Yahweh, toda a Assíria ficará apavorada; com sua vara de correção ele a ferirá.

[32] Cada pancada que com a vara Yahweh desferir para castigar, será aplicada ao ritmo do som de tamborins e harpas, enquanto a estiver combatendo com os golpes do seu braço.

kasixhenxe, kube ngathi kubandakanywa ukukhanya kweentsuku ezisixhenxe ndawonye. Koba njalo ke mhla uNdikhoyo wawabopha amanxeba awenze kubantu bakhe, azihlambe neenduma zabo.

Ukohlwaywa kweAsiriya

[27]Nango amandla nobungangamsha, obukaNdikhoyo buthi gqi kwelikude; intshinyela yomsi idiza ingqumbo yakhe, ubebezelis' imilebe ngumsindo, ulwimi lulatyuzelis' amalangatye.

[28]Umphefumlo wakhe ukhukulisa njengomlambo, ngathi ngumlamb' ozele wada watyekeza, uhluz' izizwe ngentshabalalo, uzirhintyela ngomkhala wolahlekiso.

[29]Ke nina niya kuchulumacha, nintyiloze nimemelele ngathi kungobusuku bamatheko amiselweyo. Niya konwaba ngathi ningabantu abaya endlwini kaNdikhoyo, bevuma bekhatshwa ngamaxilongo: uNdikhoyo ixhadi likaSirayeli.

[30]Wonke umntu uya kukuva ukuhlokoma kwelizwi likaNdikhoyo, ngokunjalo azive nezabhokhwe zengqumbo yakhe. Kuya kubakho amadangatye nogqabhuko-mafu, isichotho nezandyondyo zemvula.

[31]Ilizwi likaNdikhoyo liya kumrhwaqelisa uAsiriya, intonga yakhe imkhahlele phantsi.

[32]Wothi ephindelela nje uNdikhoyo ukuwohlwaya ama-Asiriya ngaloo nduku yakhe yesohlwayo, babe bona abantu bakhe bentyiloza bengqungqa ngamagubu neekatala, abe yena esilwa nawo.

[33] Tofet, o torrador, está preparado já há muito tempo; foi construído para o rei. Sua fogueira é funda e larga, com muita lenha e muito fogo; o sopro de Yahweh como uma torrente de enxofre ardente, a inflama totalmente.

Isaías 31

[1] Ai dos que descem ao Egito em busca de ajuda, que depositam sua confiança em cavalos. Eles acreditam na força da multidão dos seus carros e no poder dos seus cavaleiros, mas não contemplam o Santo de Israel, nem buscam o socorro que vem de Yahweh, o SENHOR.

[2] Contudo, ele é também sábio e pode trazer a desgraça, ele não deixa de cumprir suas palavras. Ele se erguerá contra quem coopera com os maus.

[3] Ora, os egípcios não passam de seres humanos e não são Deus; seus cavalos são carne e não espírito. Quando Yahweh estender a mão, aquele que ajuda tropeçará, aquele que é ajudado cairá; ambos sucumbirão juntos.

[4] Porque assim me declarou Yahweh: “Assim como quando o leão, o leão grande e forte, ruge sobre a presa, e, quando se reúnem muitos pastores contra eles, não se assustam com sua voz nem se intimidam com sua gritaria, assim o SENHOR dos Exércitos descerá para lutar sobre o monte Tsión, Sião, e sobre a sua colina.

[33]Kambe ke kudala lalungiswayo labaswa iziko, iziko ekuya kutshiswa kulo ukumkani waseAsiriya. Yinzongo-nzongo yomngxuma obanzi, iinkuni zifunjwe zayintaba. Ke yena uNdikhoyo wosuka avuthele atsho ngomlambo wedangatye, unqanqaze umlilo.

UIsaya 31

Thembelani kuNdikhoyo

[1]Kunyembelekile kwabo babhenela kuncedo lweJiputa; nditsho abo bathembela kumahashe, abo bakholosa ngeenqwelo eziyinyambalala, nabaqamele ngobukroti bamajoni, nditsho amajoni amahashe, abantu abangamjongele nto uYedwa kaSirayeli, nditsho abangasifuniyo isiluleko sikaNdikhoyo.

[2]Ukanti yena sisilumko, angasivulela nesithwakumbe; ewe, elakhe ilizwi alidliwa nja! Koko wosuka ayivukele indlu yezikhohlakali, abohlwaye abancedisana nabenzi bobubi.

[3]La maJiputandin' asiThixo, koko ngabantu, namahashe awo asimhlola, koko zizilwanyana. UNdikhoyo wothi angaphakama ibe ziziqwenga, ke yena umncedisi atsho akhubeke, aze ke yena umncedwa awe bhaxa, bonke bavuthuluke batshabalale.

[4]UNdikhoyo uthethe nam wenjenje: “Abelusi bangafanelana beqobisa ngemikhwazo, kodwa ngunotshe ukuba bayothuse ingonyama, ingakumbi xa seyilibambile ixhoba layo. Ngokunjalo nam ke akukho bani unokundinqanda ekuyikhuseleni kwam intaba iZiyon, mna Ndikhoyo uSomandla.

5 Como as grandes aves dão proteção aos seus filhotes com suas asas, Yahweh dos Exércitos protegerá Jerusalém; ele a guardará e a livrará; ele passará sobre ela, velando por ela, e a salvará!”

6 Voltai para aquele contra o qual se rebelaram tão profundamente os filhos de Israel.

7 Porquanto naqueles dias todos se desfarão dos seus ídolos de prata e dos seus ídolos de ouro, que as vossas mãos pecaminosas construíram para vós mesmos.

8 “Então a Assíria cairá ao fio da espada, mas não por uma simples espada humana; a espada eterna a devorará. Todos fugirão da espada eterna e os seus jovens serão sujeitos a trabalhos forçados.

9 Sua fortaleza cairá por terra por causa do pavor; ao verem a bandeira da batalha, seus líderes entrarão em pânico!”, assim diz Yahweh, o SENHOR, cujo fogo sagrado está em Tsión, Sião, cuja fornalha está em Jerusalém.

Isaías 32

1 Eis que um rei reinará de acordo com a justiça e a retidão, os seus príncipes e lideres governarão conforme o direito.

2 Cada ser humano será como um esconderijo contra o vento e um abrigo contra as tempestades, será como correntes de água em plena terra árida, como a boa sombra de uma grande rocha em meio ao deserto.

5Njengentaka ikhusela amathole ayo, nam, mna Ndikhoyo onguSomandla-onke, ndiya kwenjenjalo ukuyihlanganisela iJerusalem. Ewe, ndoyikhusela ndiyikhulule; ndogqitha kuyo ndiyisindise.”

6UNdikhoyo uthethe wathi: “MaSirayeli, nonile ngokundifulathela. Ngoko ke ngoku buyani!

7Kaloku iyeza imini apho nonke niya kulilahla eli zothe liyile mifanekiso niyiqingqe ngesiliva nangegolide.

8“UAsiriya ke yena wofela emfazweni. Phofu ke akayi koselwa krele lamntu: kovela krele limbi, lisuke limngxwelerhe. Kweso sithuba ke wosuka aswantsule, abafana bakhe ke bona benziwe amakhoboka.

9Injengele yakhe yosuka ingenwe bubuphaku-phaku, nezinxiba-mxhaka zosuka zirhwaqele zoyike, zide zibaleke zilahle kanye nayo nembasa yomkhosi.” Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo, Ndikhoyo lowo omlilo uvuthayo eZiyon, omsi wamadini utsho ngomlembelele eJerusalem!

UIsaya 32

Ukumkani ofezekileyo

1Woze afike ukumkani olawula ngolungelelwano, izinxiba-mxhaka zitsho ziphathe ngemfezeko.

2Zonke ngazinye zoba ngumqolomba mhla ligquthayo, zibe yinqaba yokuzimela mhla ngoqhwithela. Zofana nemijelo yamanzi kwelibharhileyo, zibe lithunzi lamawa kwilizwe eliyinkangala.

[3] Então os olhos dos que podem ver não mais estarão fechados e os ouvidos do que podem escutar se abrirão para ouvir.

[3]Zona ziya kuba namehlo, ziqonde iingxaki zoluntu. Ziya kuba neendlebe, zikuphulaphule ukuzibika kwabantu.

[4] O coração dos irrefletidos procurará adquirir a sabedoria, a língua dos gaguejantes falará com pleno desembaraço e com clareza.

[4]Yoqonda nengqiqo yezityhuthu-tyhuthu, nabathintithayo bathethe ngokucacileyo.

[5] Já não se chamará nobre ao tolo nem se dirá ilustre àquele que é trapaceiro!

[5]Isiyatha akusayi kuthiwa ngohloniphekileyo; neqhophololo akusayi kuthiwa ngonyanisekileyo.

[6] Porque o insensato profere tolices e o seu coração pratica a iniquidade, agindo impiedosamente e alardeando disparates contra Deus, deixando o faminto sem alimento e privando o sedento de matar sua sede.

[6]Kaloku isiyatha sitheth' ubuyatha, nengqiqo yaso iqulunqa ubugwenxa. Sizixakekise ngenkohliso; uNdikhoyo sihlala simcukuceza ngengcikivo. Simshiya enjalo umntu othezwa liphango, singamkhathalele nganto nokhotheke lunxano.

[7] As artimanhas do homem de caráter maligno são todas perversas; imagina tramas cruéis para destruir com mentiras o pobre e indefeso, mesmo quando a súplica deste é justa.

[7]Umntu oyindlavini nezenzo zakhe zinenkohlakalo; uba soloko efutha ukwenza ububi, ezama ukubhubhisa amahlwempu ngenkohliso, khon' ukuze awavimbe amalungelo awo.

[8] Quanto ao homem nobre, nobres são todos os seus desígnios; graças aos seus feitos nobres permanece íntegro e firme.

[8]Ke yena onesidima uneengcingane ezizimasekileyo, nemisebenzi yakhe ingqinelana nento ayiyo.

Amaxesha entswelo nawendyebo

[9] Vós, mulheres tão sossegadas, ponde-vos de pé e ouvi a minha voz; filhas cheias de arrogância, dai ouvidos às minhas palavras!

[9]Phakamani nindiphulaphule ke nani, nditsho nina, zimazi zingaxhalele nto; bekan' iindlebe nive xa ndithethayo, nina zintombi ezingáthi zikhuselekile.

[10] Daqui a pouco, mais de um ano, vós que se sentis orgulhosas e seguras de vós mesmas, ficarão apavoradas; a colheita de uvas falhará e a colheita de frutas nada produzirá.

[10]Ningade nibe ngathi nanelisekile ngoku, kodwa kozayo unyaka nongcungcutheka, kuba idiliya yona yosuka iphunze, singabikho tu isivuno seziqhamo.

[11] Estremecei, pois, ó mulheres desacauteladas e sossegadas! Tremei, vós que estais tão cheias de soberba; despojai-

[11]Xhalabani, zimazi ezihlala zingaxhalele nto; hlahlambani, zintombi ezingenaluvalo; khululani, nithi gatya ezenzila.

vos, despi-vos, cingi os vossos lombos com roupas de lamento.

12 Batei no peito, por causa dos campos destruídos, pelas videiras carregadas de frutos,

13 e pela terra do meu povo, terra agora infestada de espinhos e roseiras bravas; sim, pranteai por todas as casas outrora cheias de júbilo e por esta cidade exultante.

14 A fortaleza será abandonada, a cidade barulhenta ficará deserta, a cidadela e a torre das sentinelas se tornarão covis, uma delícia para os jumentos, uma pastagem para os rebanhos,

15 até que sobre nós o Espírito seja derramado do alto, o deserto seja transformado em campo fértil, e o campo fértil pareça uma floresta.

16 O direito habitará no deserto e a justiça viverá no campo fértil.

17 O fruto da justiça será a paz; e a obra da justiça proporcionará tranquilidade e segurança eternas.

18 O meu povo viverá em regiões pacíficas, em moradas seguras, em lugares tranquilos de paz e repouso.

19 Embora a floresta seja arrasada pelo granizo quando a saraiva vier e a cidade seja nivelada ao pó,

20 sereis felizes, semeando junto de águas puras e generosas, deixando andar livres os bois e os jumentos!

12Yho-o-o amasimi! Kwakhe kwanje phi na? Awu! Sashiya senzeka ngeediliya!

13Gixani ngenxa yomhlaba wabantu bam, kuba namhla sowugqunywe ngameva nobobo. Hlahlambani ngenxa yamakhaya avuyayo; ewe, sililileni isixeko esixokozelayo.

14Kaloku nekomkhulu lokhal' ibhungane, nakwisixeko esinyakazelayo kuthi bhe! Kwandlunkulu koba ngamabhodlo kanaphakade; koba lapho adloba-dloba khona amaqwarha, kube lapho itya khona imihlambi,

15ade uThixo asithululele uMoya wakhe, nentlango itsho ifane nomyezo weziqhamo, imiyezo yeziqhamo ifane namahlathi.

16Nasentlango kuya kuphuphuma ulungelelwano, nemiyezo echumayo yambathiswe bubulungisa.

17Ke ubulungisa bozala inzolo, ize ke ibe lulungelelwano nocwangco njalo-njalo.

18Ke abantu bam bothi zava bahlale ngenzolo kwimizi ekhuselekileyo nephahlwe luxolo.

19Nokuba amahlathi ebhululwe sisichotho, nesixeko sivuthuluke kwathi pam,

20yoba luvuyo kuye wonk' ubani, ingengomanzi ingesosivuno, kuyinto nje, amadlelo enabe ethe tshitshilili, iidonki neenkomo zidakasa zikhuselekile.

Isaías 33

Os inimigos do povo de Deus serão destruídos. Jerusalém será restaurada à sua glória e felicidade

1 Ai de ti que destróis, enquanto ainda não foste destruído! Ai de ti que ages traiçoeiramente, enquanto ainda não foste traído! Quando tiveres acabado de destruir, serás exterminado; quando terminarás a tua traição, serás traído.

2 Yahweh, tem misericórdia de nós, pois em ti depositamos toda a nossa esperança. Sê a nossa força e o nosso braço de manhã em manhã; sim, sê a nossa salvação no tempo da angústia.

3 Diante do trovão da tua voz, os povos fogem; quando te levantas, dispersam-se as nações.

4 Como gafanhotos novos os homens vos saquearão, ó nações; tomarão posse do despojo como gafanhotos em nuvem.

5 Yahweh é exaltado, porquanto está entronizado nas alturas; ele assegura abundantemente a Tsión, Sião, o direito e a justiça.

6 Haverá, pois, segurança e estabilidade em tuas eras, abundância de salvação, sabedoria e conhecimento; o amor reverente a Yahweh será o teu maior tesouro!

7 Eis que os heróis pranteiam de fora e os mensageiros de paz estão chorando amargamente.

8 As estradas estão desoladas, cessam os que costumavam passar por ela; rompem-se as alianças, as cidades são desprezadas, já não se dá importância ao ser humano.

UIsaya 33

Ukucela uncedo

1 Kunyembelekile kuwe, mtshabalalisi; wena ungatshatyalaliswanga! Yeha ke, wena tshijolondini; ke wena siqu awuqhathwa mntu! Uya kuze upheze ukutshabalalisa, ibe nguwe otshatyalaliswayo. Boze bupheze ubuqhophololo bakho, nawe ke ube lixhoba lokuqhathwa.

2 Ndikhoyo, khawube nenceba kuthi; asisakulangazeleli ngako! Ntsasa zonke yiba ngamandla ethu; sihlangule sakungena enkathazweni.

3 Lakuzongoma izwi lakho batsho basabe; wakuphakama ziyasarhaka izizwe.

4 Izizwe zojika zibe ngamaxhoba, zixhatshazwe ngathi zingenelwe ziinkumbi.

5 Mkhulu kambe uNdikhoyo, yena umi kweliphezulu! IJerusalem woyizalisa ngolungelelwano nobulungisa.

6 Maxa onke uya kuba sisiseko esingahexiyo, isisele sosindiso, ubulumko, nolwazi. Umthombo wale ndyebo kukuhlonela uNdikhoyo.

7 Nango amagorha abo ezibika; oonozaku-zaku abaphath' uxolo nâbo besitsho ngesikrakra.

8 Ngoku koohola sekuthe bhe; abahambi abavakali ndawo konke. Izivumelwano ziyakrotyozwa; ke izixeko zideliwe, akusekho mntu uhlonitshwayo.

[9] A terra geme e perde o ânimo; o Líbano se retrai, triste e humilhado; Sharon, Sarom é como a Arabá, um deserto, e a região de Bashan, Basã e no monte Carmelo todas as árvores perderam suas folhas.

[10] "Eis que agora me erguerei!", diz Yahweh, o SENHOR. "Hoje me levantarei, agora serei exaltado!"

[11] Concebeis a palha e dais à luz o restolho; seu sopro é um fogo que o consome.

[12] Os povos serão queimados como se faz com a cal; como espinheiros cortados serão lançados às chamas.

[13] Vós que estais longe, ouvi o que fiz, vós que estais perto, conhecei o meu poder.

[14] Em Sião, os pecadores ficaram apavorados: o tremor se apoderou dos ímpios. Quem dentre nós poderá permanecer junto ao fogo devorador? Quem dentre nós poderá manter-se próximo aos braseiros eternos?

[15] Aquele que anda corretamente, que pratica a justiça e fala o que é verdade, que recusa o lucro desonesto, cuja mão não aceita suborno ou qualquer exploração, que tapa os ouvidos para não ouvir falar de planos e tramas de homicídios, e fecha os olhos a fim de não contemplar o mal.

[16] É este, pois, o homem que habitará nas alturas; seu refúgio será a fortaleza das rochas; terá suprimento de pão e água pura não lhe faltará.

[9]Umhlaba ulele, ngamafusi nje, amahlathi aseLebhanon atshazile; ngoku iSharon ifana nentili yasentlango, imithi ibunile eBhashan naseKarmele.

Iintshaba zikaNdikhoyo ziyalumkiswa

[10] UNdikhoyo uthi: "Ngoku ke ndosuka ndiphakame; niza kububona ubungangamsha bam; ewe kaloku, ndiza kuzimaseka.

[11]Nikhawul' umququ, nizal' inkintshi-nkintshi; kaloku nizitshabalalisa kwangokwenu.

[12]Izizwe ziya kutshiswa okwamatye ekalika; ziya kufakwa umlilo okwezihlahla zameva.

[13]Nina bantu bakude, phulaphulani; ewe, yiveni into endiyenzileyo; nina bakufuphi, wavumeni amandla am."

[14]Aboni baseZiyon bayagubha liphaphu, abangakhathalele Thixo bayangcangcazela. "Ngubani ke kuthi ongamelana nomlilo olenyayo? Ngubani onganyamezela umlilo ongacimekiyo?"

[15]Ngondlela zithe ngqo nothetha kakuhle, nongafuni kungenelwa ngengcinezelo, noyingcathu ongazamkeliyo izicengo, ongahambisaniyo nabafutha amayelenqe, umntu ongafunaniyo nezinto ezimbi.

[16]Onjalo ke uza noloyiso; ukhuseleke ngathi usemqolombeni apho ukutya namanzi kuhlala kuhleli.

Ikamva eliqaqambileyo

[17] Seus olhos verão o rei em todo o seu esplendor e vislumbrarão o território em sua plena dimensão.

[18] O teu coração relembrará os terrores e assombros do passado: “Onde está o oficial maior? Onde está aquele que arrecadava impostos e tributos? Onde está o chefe das torres de vigia?”

[19] Não tornarás a ver aquele povo arrogante, aquela gente de falar bárbaro, com sua língua obscura, estranha e incompreensível.

[20] Olha para Sião, cidade das nossas festas solenes, contemplem os teus olhos a nova Jerusalém, morada tranquila, tenda que não será mudada, cujas estacas jamais serão arrancadas, cujas cordas nunca serão rompidas.

[21] É ali que Yahweh mostra o seu poder, em um lugar de rios e de largos canais, mas onde não navegarão barcos de remos, nem passará nenhuma nau poderosa.

[22] Pois Yahweh é o nosso Juiz, o SENHOR é nosso Legislador, o Eterno é o nosso Rei; é ele que nos vai salvar.

[23] As tuas cordas estão frouxas: não conseguem segurar o mastro, nem manter estendidas as velas da tua embarcação. Então, de repente, será dividida grande quantidade de despojos e até os aleijados tomarão sua parte no saque.

[24] Nenhum habitante de Sião se queixará: “Estou doente!” E os pecados dos que ali vivem serão todos perdoados.

[17]Ke amehlo enu oze ambone ukumkani ethiwe jize ngesihomo nesithozela; owakhe umhlaba uthe gabalala.

[18]Ngeenkumbulo nocamanga ngehambo-nzima yamandulo: “Waya phi umphicothi-ncukacha; ephi ke yena umvavanyi? Kanti uphi yena umhloli weenqaba?”

[19]Ezo ntlanga zidelelayo zophel' emehlweni, abantu abantetho ingacacanga, abapitiliza ulwimi eningaluqondiyo.

[20]Khangelani iZiyon, isixeko samatheko amisiweyo; zisuka nje nokhangwa yiJerusalem, ikhaya lenzolo, umzi ongashukumiyo; ezawo izikhonkwane soze zancothuka, neentsontelo zawo soze ziqhawuke.

[21]Apho ke uNdikhoyo woba nguThixo wethu onamandla, soba ngathi siphakathi kweentlambo nemilambo; kodwa akukho sikhephe siya kuhamba khona, kungekho nanqanawa ingangcambaza apho.

[22]Kaloku umgwebi wethu nguNdikhoyo; ewe, uNdikhoyo yena uyasilawula. Ikumkani yethu nguNdikhoyo; nguye oya kusisindisa.

[23]Zona iintambo zenqanawa ziyeke-yeke; azisenako ukuyibamba intsika yayo, zingenako ukuyiqinisa neseyile. Boxhaphaz' amaxhoba bazanelise; kuya kuhlomla nesiqhwala esi sembala.

[24]EZiyon akusayi kubakho ugulayo; zonke izono zabemi bayo ziya kuxolelwa.

Isaías 34

[1] Aproximai-vos, todas as nações, a fim de ouvir; prestai atenção, todos os povos da terra!

[2] Eis que a indignação de Yahweh é contra todas as nações; sua irá está contra todos os exércitos humanos. Ele os destruirá, nenhum guerreiro restará, ele entregará a todos à matança.

[3] Seus mortos serão jogados fora da cidade e os seus cadáveres exalarão mau cheiro; os montes se encharcarão do sangue deles.

[4] As estrelas dos céus serão todas dissolvidas e os céus se enrolarão como um pergaminho antigo; todo o exército de astros cairá como folhas secas da videira e da figueira.

[5] Eis que minha espada já está fora da bainha e pronta no céu! Ela descerá, pois, sobre Edom e sobre todos os povos que separei para o extermínio.

[6] A espada de Yahweh está cheia de sangue, cheia de gordura, de sangue de cordeiros e de bodes, da gordura dos rins de carneiros; porque Yahweh pede sacrifício em Bozra e grande matança em Edom.

[7] E os bois selvagens cairão com eles, e os novilhos, com os touros; e a sua terra ficará ensopada de sangue, e o seu pó ficará grosso de gordura.

[8] Porquanto Yahweh terá um Dia de Vingança, um ano de retribuições pela causa de Tsión, Sião.

UIsaya 34

Ukohlwaywa kwezizwe

[1]Sondelani, zizwe, niphulaphule; inzwi kaloku nakuni, zintlanga. Maliphulaphule ihlabathi nenzaliseko yalo; ihlabathi nemveliso yalo yonke malimamele.

[2]Kalok' uNdikhoyo ulwa nazo zonke izizwe, uxabene nayo yonk' imikhosi yazo. Wozibhubhisa xa zizonke, zonke azixhaxhe kuphele.

[3]Izidumbu aziyi kungcwatywa; zothi xakalala ziqungquluze – mh-mh-mh! Iintaba zonyepha ligazi labo.

[4]Iinkwenkwezi nemikhosi yazo zonke zosuka zisumke zinyamalale; isibhakabhaka sosongwa ngathi ngumqulu, iinkwenkwezi zivuthuluke okwamagqabi, zitshaze ngathi ngamagqab' omdiliya nomkhiwane.

[5]Emazulwini umkhonto wam uxhaphile; nanko usihlela e-Edom, abantu abagwetyw' intshabalalo.

[6]Umkhonto kaNdikhoyo wodad' egazini; ewe, utsho waxhapha ngamanqatha ngathi ligazi lamatakane neebhokhwe, namanqatha ezintso zenkunz' egusha. EBhozera uNdikhoyo uya kwenza idini; ewe, yoba ngamatyadidi kwaEdom.

[7]Abantu baya kuwa njengenqu; bafane neenkunzi ezindala nezingamathole. Umhlaba uya kufuma ligazi, nothuli lunyephe ngamafutha.

[8]Ngemini yakhe uNdikhoyo wophindezela, unyaka wembuyekezo ngenxa yeZiyon.

[9] E os ribeiros de Edom se transformarão em piche, o seu solo, em enxofre, e a sua terra ficará como betume ardente.
[10] Não se apagará nem de noite nem de dia; sua fumaça subirá para sempre; ficará em ruínas através das gerações; ninguém passará por ela pelos séculos dos séculos.
[11] Mas os pelicanos e os animais selvagens a tomarão; as corujas e os corvos viverão ali; e ele estenderá sobre Edom o caos como uma linha de medir, e a destruição como fio de prumo.
[12] Ali não haverá pessoas ilustres para formar um reino; e todos os seus príncipes serão como nada.
[13] Espinhos crescerão em seus palácios, urtigas e cardos, nas suas fortalezas; e será uma morada de chacais, um lugar de pastagem para avestruzes.
[14] E animais do deserto se encontrarão com hienas; bodes selvagens clamarão um ao outro; e lilite, criaturas noturnas, pousarão ali e encontrarão descanso e refúgio.
[15] Nela a coruja fará ninho, chocará seus ovos e cuidará dos seus filhotes à sombra de suas asas; os falcões da mesma maneira se ajuntarão ali, cada um com seu par.
[16] Consultai, pois o Livro de Yahweh e lede: Nenhum destes animais estará faltando; nenhum estará sem o seu devido par. Ora, pois foi a boca do Eterno que deu a ordem e o seu Espírito os reunirá.
[17] Ele mesmo designa as porções de cada um; sua mão lhes distribuiu a terra com o cordão de medir; eles a possuirão para sempre; habitarão nela de geração em geração.

[9]Imilamb' e-Edom yoba mnyama, umhlaba ufane nesalfure; umhlaba wofana netha evuthayo.
[10]Wodangazela imini nobusuku, umsi utsho ngomlembelele othunquzayo, kube zizizukulwana ngezizukulwana libharhile, kungaze kunqumle mntu khona,
[11]ilizwe limiwe sisikhova nesihulu-hulu, limiwe ngookhwalimanzi namahlungulu. UThixo wolibharhisa kwakhona elakwaEdom, libe njengelamandulo kungekadalwa nto.
[12]Sobe kubekho kumkani ulawulayo; izinxiba-mxhaka zophel' emehlweni.
[13]Izakhiwo zomila ameva nobobo, iinqaba zambathwe lutshungu nesinama. Yoba sisikhululo soodyakalashe, ibe likhaya lezikhova.
[14]Koba lapho angqungqa khona amarhamncwa, zikhwazane khona neendimoni. Yoxhwarha khona nerhorho yobusuku, izula-zule iphathe kuphumla.
[15]Isikhova siya kwakha sizalele khona; zofukama zide ziqandusele, ziwakhulisele khona amathole azo. Oontloyiya boqokelelana bonwabisane khona.
[16]Khangela encwadini kaNdikhoyo ufunde: Kwezi zilo akukho singekhoyo, kungekho nesingenaqabane laso, kuba lowo ngumlomo kaNdikhoyo, nguMoya wakhe oya kuziqokelela.
[17]Isekwanguye oya kuzabela azinike inxaxheba ngazinye ngazinye. Elo yoba likhaya lazo naphakade, zime khona izizukulwana ngezizukulwana.

Isaías 35

A grandeza e glória do Reino do Messias

[1] O deserto e a terra ressequida se rejubilarão; o ermo se encherá de felicidade e florescerá como a tulipa.

[2] Cubra-se de flores, sim, rejubile-se com grande alegria e exulte. A glória do Líbano lhe será transferida, bem como o resplendor do Carmel, Carmelo e de Sharon, Sarom. Eles verão a glória de Yahweh, o SENHOR, o esplendor do nosso Deus.

[3] Fortalecei, pois, as mãos abatidas, revigorai os joelhos cambaleantes.

[4] Dizei aos corações perturbados: “Sede fortes, não temais. Eis que o vosso Deus vem para vingar-vos, trazendo a recompensa divina. Ele vem para salvar-vos!”

[5] Então se abrirão os olhos dos cegos e os ouvidos dos surdos se desobstruirão.

[6] Então o coxo saltará como o cervo e a língua do mudo cantará louvores de gratidão e felicidade, porquanto a água jorrará do deserto, e muitos riachos da estepe.

[7] A terra seca se transformará em brejo, e a terra árida em mananciais de água. Onde repousavam os chacais surgirá um campo de juncos e de papiros.

[8] Ali haverá uma estrada, um caminho que será conhecido por Caminho de Santidade. Os impuros não passarão por ele; servirá tão somente aos que são do Caminho; os ímpios e insensatos escolherão não seguir por ele.

[9] Ali não haverá leão algum e nenhum animal feroz passará por ele; nenhum deles

UIsaya 35

Ibuyambo

[1]Intlango nomqwebedu ziya kuchulumacha; elibharhileyo loba nemihlali liqhakraze njengentyatyambo.

[2]Intlango yomemelela idlokove luvuyo; yoba yinzwakazi enjengeentaba zaseLebhanon, yochuma njengamasimi aseKarmele naseSharon. Bonke bobubona ubungangamsha bukaNdikhoyo, bucace ubuhandiba nokomelela koThixo wethu.

[3]Izandla ezinomkhinkqi mazomelele, namadolo anengevane atsho adlamke.

[4]Thetha namagwala, uthi: “Qinani, ningabi nentaka! Kaloku uyeza uThixo wenu; uza epheth' impindezelo. Nank' egush' imbuyekezo; ewe, uza kunihlangula.”

[5]Kaloku ke kobona nemfama le yembala, zitsho zivuleke neendlebe zesithulu,

[6]nesiqhwala sidlobe sitsiba-tsibe okwempunzi; nezimumu zomemelela ngemihlali. Kaloku kompompoza amanzi nasentlango, kugqabhuke imilambo nakwelibharhileyo.

[7]Intlabathi evuthayo yojika ibe lichibi, umhlab' okhothekileyo uphanjwe yimithombo. Asisathethi ke ngeendawo zikadyakalashe, kuba zona zoba yimigxobhozo yemizi neengcongolo.

[8]Apho ke kothi tyaba uhola; leyo ke kothiwa yindlela yobungcwele ekungekho namoni woze athi cakatha kuyo, nasiyatha solahlekisa mntu kuyo.

[9]Kuyo soze kubekho ngonyama, ingasoze ihanjwe narhamncwa; kuphela

se verá por ali. Só os redimidos andarão por ele,

[10] e todos quantos Yahweh resgatou voltarão. Entrarão em Tsión, Sião com hinos de júbilo; duradoura felicidade coroará sua cabeça. Gozo e alegria se apoderarão deles, e a tristeza e o lamento cessarão completamente.

Isaías 36

Senaqueribe cerca Jerusalém. A oração de Ezequias. O exército dos assírios é destruído

[1] No décimo quarto ano do reinado de Hizkiáhu, Ezequias, San'heriv, Senaqueribe, rei da Assíria, atacou todas as cidades fortificadas de Judá e se apossou delas.

[2] Então, de Lahish, Láquis, o rei da Assíria mandou seu Ravshakê, comandante em chefe, com um grande exército a Jerusalém, ao rei Ezequias. Quando o comandante parou no aqueduto do açude superior, na estrada que leva ao campo do Lavandeiro,

[3] saíram ao seu encontro Eliakim ben Hilkiáhu, Eliaquim, filho de Hilquias, o administrador do palácio, Shevná, Sebna, escrivão e secretário, e o cronista real Ioáh ben Assaf, Joá, filho de Asafe.

[4] Então Ravshakê, o comandante do campo, lhes questionou: "Dizei a Ezequias: Assim diz o grande rei, o rei da Assíria: Que confiança é essa em que te apegas?

[5] Digo: Teu conselho e poder para a guerra são palavras vazias, sem sentido. Em que confias para te rebelares contra mim?

ngabakhululwe nguNdikhoyo abaya kudakasa kuloo ndlela.

[10]Abasindisiweyo nguNdikhoyo bobuyela eZiyon benemihlali, bengqungqa bememelela ngochulumacho. Soze babe sazana neentsizi nenkxwaleko; boxhamla ulonwabo naphakade.

UIsaya 36

Ama-Asiriya ahlasela iJerusalem

(2 Kum 18:13-27; 2 Gan 32:1-19)

[1]Ngonyaka weshumi elinesine wokulawula kukakumkani uHezekiya kwelakwaJuda, ukumkani waseAsiriya uSenakeribhe wazihlasela wazithimba zonke izixeko ezinqatyisiweyo zakwaJuda.

[2]Ke kaloku wandulula ingqwayi-ngqwayi yakhe eLakishe, eyithumela eJerusalem nomkhosi omkhulu. Ingqwayi-ngqwayi leyo ke yema kwindlela ebheka apho kusetyenzwa khona amalaphu, ngakumjelo otsala amanzi kwiqula elingentla.

[3]Yahlangatyezwa nguEliyakim unyana kaHilekiya umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, ndawonye noJowa unyana ka-Asafu usiba-khulu.

[4]Ingqwayi-ngqwayi yathetha nabo yathi: "Xelelani uHezekiya nithi: 'Iththe ngolu hlobo ingangalala ukumkani waseAsiriya: Njengokuba uzithembe kangaka nje, Hezekiya, uqamele ngantoni kanye?

[5]Akuzilibali unamacebo nobuchule bomkhosi onamandla. Awu, waza walavuza kambe! Ukholose ngabani undivukela nje?

[6] Tu confias no Egito, aquela cana esmagada que penetra e fura a mão de quem se apoia nela; assim é o faraó, rei do Egito, para com todos os que confiam nele.

[6]Jonga, ndiyazi ukuba uthembele ngeJiputa. Xa ingubani yona, umsimelelo ofana nengcongolo entlekekileyo, ojika uhlabe izandla zomntu osimelela ngawo, umtsho abe namanxeba. Ewe, unjalo ukumkani waseJiputa; ubenjenjalo bonke abakholosa ngaye.

[7] Contudo, se declarares: Confiamos em Yahweh, nosso Deus; porventura esse Deus não é aquele cujos altos santuários e altares Ezequias removeu, alegando a Judá e a Jerusalém: 'Deveis adorar aqui, diante deste altar!'?

[7]Mhlawumbi ke uthi: "Hayi, thina sikholose ngoNdikhoyo uThixo wethu." Kanene lowo asingulo uHezekiya amdilizele iindawo eziphakamileyo zonqulo, wabhangisa namaqonga amadini akhe, esithi kuJuda neJerusalem: "Yizani kunqula kwiqonga eliseJerusalem kuphela"?

[8] Ora, faz agora um acordo com o rei da Assíria, meu senhor; eu te darei dois mil cavalos, se é que tens cavaleiros para todos eles.

[8]" 'Hayi bo! Yiza kaloku, ukhe umiselane nenkosi yam, umhlekazi ukumkani waseAsiriya. Ndokunika amawaka amabini amahashe ukuba unganabo abakhweli.

[9] Assim, como poderás resistir a um só príncipe dos menores servos do meu senhor, se confias que o Egito vos proverá carros e cavaleiros?

[9]Kuxa ungubani wena? Akunakuthelekiswa naso nesiveke-veke kumajoni aseAsiriya, noba ungade ukholose ngeenqwelo namahashe aseJiputa.

[10] Além de tudo, pensas que vim destruir esta terra sem Yahweh? Ora, foi o próprio Eterno que me ordenou: 'Sobe contra esta nação e a extermina!'

[10]Kakade ke, uthi ndifane ndeza kuhlasela ukuze nditshabalalise ndibhuqe konke apha ndingayalelwanga nguNdikhoyo? Hayi, nguNdikhoyo ngokwakhe othe mandingene apha, ndilitshabalalise eli lizwe!' "

[11] Então Eliaquim, Sebna e Joá responderam ao comandante: "Pedimos que fales com os teus servos em aramaico, porquanto o compreenderemos bem; não fales conosco em hebraico, pois deste modo o povo que está sobre os muros ficará sabendo de toda a nossa conversa!"

[11]Kwesi sithuba ke uEliyakim noShebhena noJowa babhekisa apho kwingqwayi-ngqwayi, bathi: "Khawuncede ukhumshe isiAram, mhlekazi; izicaka zakho ezi ziyasiqonda. Musa ukuthetha nathi ngesiHebhere, hleze kuve naba bantu baseludongeni."

[12] Entretanto, o comandante lhes respondeu: "Porventura o meu senhor me mandou fazer esta declaração somente ao

[12]Kambe ke loo ngqwayi-ngqwayi yaphendula yathi: "Yini le, nicinga ukuba la mazwi inkosi yam iwabhekisa enkosini yenu

teu senhor e a ti, e não aos homens que estão assentados sobre o muro da cidade, que juntamente convosco terão que comer o próprio excremento e beber a própria urina?"

nakuni kuphela? Nithi ayiwabhekisi nakwaba bantu bahleli kolu donga? Andithi kaloku nabo kwanjengani baza kutya ilindle labo, basele umchamo wabo!"

13 Em seguida o comandante se colocou em pé e erguendo a voz para que todos o ouvissem, declarou em hebraico: "Ouvi, pois, as palavras do grande rei, do rei da Assíria!

13Yaphakama ke ingqwayi-ngqwayi leyo, yadanduluka ithetha ngesiHebhere, yathi: "Phulaphulani nive ekuthethayo ingangalala, ukumkani waseAsiriya!

14 Assim diz o rei: 'Não deixeis que Ezequias vos engane; porque ele não será capaz de vos livrar do mal.

14Ukumkani uthi: 'Sanukukhohliswa nguHezekiya lo! Akanako ukunihlangula.

15 Nem deixeis que Ezequias vos faça confiar em Yahweh, alegando: O Eterno certamente nos salvará e esta cidade não será entregue nas mãos do rei da Assíria.

15Sanukumvumela aniwexulele ekukholoseni ngoNdikhoyo, esithi: "Ngenene uNdikhoyo uya kusihlangula, nesi sixeko asiyi kuba lixhoba lokumkani waseAsiriya." '

16 Não deis ouvidos a Ezequias; porque assim diz o rei da Assíria: Fazei a paz comigo e vinde a mim; e assim coma cada um da sua videira, da sua figueira, e beba cada um da água da sua cisterna;

16"Musani ukumphulaphula uHezekiya lo! Ukumkani waseAsiriya uthi: 'Phumani nize kuzinikezela kum, sivisisane. Ukuba niyayenza loo nto, nonke ngabanye niya konwaba, ibe ngulowo nalowo atye iziqhamo zesidiliya sakhe namakhiwane akhe, esela amanzi equla lakhe,

17 até que eu venha e vos leve para uma terra semelhante à vossa, terra de trigo e de vinho, terra de pão e de vinhas.

17ndide ndize kunithatha, ndinise kwilizwe elifana neli lenu, umhlaba onemveliso yeenkozo newayini, ilizwe lengqolowa neediliya.'

18 Não deixeis que Ezequias vos iluda, afirmando: Yahweh nos salvará de todo mal! Porventura os deuses das nações puderam livrar suas terras das mãos do rei da Assíria?

18"Sanukulahlekiswa nguHezekiya xa esithi: 'UNdikhoyo uza kusihlangula.' Nguthixo wasiphi isizwe owakhe wasihlangula esandleni sokumkani waseAsiriya?

19 Onde estão os deuses de Hamate e de Arpade? Onde estão os deuses de

19Baphi oothixo baseHamati nabaseArpadi? Baphi oothixo baseSefarvayim? Ngaba

Sefarváim? Por acaso eles livraram Shomron, Samaria da minha mão?

bakha bayihlangula iSamariya esandleni sam?

[20] Quem dentre todos os deuses dessas nações conseguiu livrar a tua terra? Como então Yahweh poderá salvar Jerusalém das minhas mãos?'

[20]Nguwuphi kwaba thixo bezi zizwe xa bebonke owakha wanako ukuhlangula ilizwe esandleni sam? Ke, uNdikhoyo lowo yena angayihlangula njani iJerusalem esandleni sam?"

[21] O povo, porém, ficou em profundo silêncio e nada respondeu, pois o rei dera esta ordem: "Não lhes deis resposta!"

[21]Kodwa ke bona abantu abo bathula bathi cwaka, abaphendula, kuba kaloku ukumkani uHezekiya wayebayalile wathi: "Ze ningamphenduli."

[22] Então o administrador do palácio, Eliaquim, filho de Hilquias, o escrivão e secretário Sebna, e o cronista e arquivista real Joá, filho de Asafe, com as vestes rasgadas, foram contar a Ezequias o que proclamara o comandante assírio.

[22]Ke kaloku uEliyakim unyana kaHilekiya, umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, kunye noJowa unyana ka-Asafu, usiba-khulu, bakhathazeka bazikrazula izambatho zabo, bahamba baya kuHezekiya, baza bamazisa loo mazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi.

Isaías 37

UIsaya 37

Ukumkani ucetyiswa nguIsaya
(2 Kum 19:1-7)

[1] Assim que o rei Ezequias tomou conhecimento disto, rasgou suas vestes, cobriu-se de pano de saco em sinal de indignação e dirigiu-se ao Templo de Yahweh, o SENHOR.

[1]Ke kaloku wathi akuziva ezi ndaba ukumkani uHezekiya, suka wakhathazeka, wazikrazula izambatho zakhe, wanxiba ezirhwexayo zokuzila, waya endlwini kaNdikhoyo.

[2] Em seguida enviou o administrador do palácio, Eliaquim, o secretário Sebna e os chefes e anciãos entre os sacerdotes, todos vestidos de pano de saco, a fim de consultarem o profeta Isaías, filho de Amoz,

[2]Wathuma uEliyakim umaqhuzu wakomkhulu, noShebhena unobhala wenkundla, kunye nababingeleli abaphambili, bonke benxibe ezirhwexayo zokuzila, wathi mabaye kumshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi.

[3] os quais lhe transmitiram a seguinte mensagem real: "Eis o recado de Ezequias: Este dia é um dia de profunda aflição, de castigo severo e de grande humilhação. Em

[3]Baya, bafika bathi: "UHezekiya uthi: 'Lo ngumhla wenkxwaleko, impoxo, nehlazo. Sifana nomfazi ofikelwe lixesha lakhe lokuzala, kodwa engenawo amandla okujongana naloo meko.

verdade, os filhos chegaram a ponto de nascer, mas não há força para lhes dar à luz!

4 Esperamos que Yahweh, o teu Deus, tenha ouvido as palavras do copeiro-mor, o comandante, enviado pelo rei da Assíria, seu senhor, para insultar e zombar do Deus vivo. E que o Eterno, o teu Deus, o castigue por sua atitude e pelas palavras proferidas. Sendo assim, eleva, pois, uma oração em favor do resto de Jerusalém que ainda sobrevive!"

5 Ao chegarem os oficiais do rei Ezequias à presença de Isaías,

6 este, imediatamente, lhes declarou: "Eis o que deveis dizer ao vosso senhor: Assim diz Yahweh, o SENHOR: 'Não tendes medo das palavras que ouvistes; das blasfêmias que os servos do rei da Assíria proclamaram contra a minha pessoa!

7 Eis que enviarei sobre ele um espírito para que, quando ouvir uma certa notícia, retorne à sua própria terra, e ali farei com que seja exterminado ao fio da espada!"

8 Quando o comandante em chefia soube que o rei da Assíria havia partido de Láquis, partiu e encontrou o rei lutando contra Libna.

9 Então o rei recebeu uma notícia: Tiraca, rei de Cuxe, Etiópia, está a caminho e vem lutar contra ti. Assim que ouviu isso, enviou mensageiros a Ezequias para ameaçá-lo dizendo:

10 "Assim direis a Ezequias, rei de Judá: Não te enganes quando o teu Deus, em quem

4Makube uNdikhoyo uThixo wakho uwevile onke amazwi athethwe yingqwayi-ngqwayi leyo ibithunywe yinkosi yayo ukumkani waseAsiriya ukuze ize kuphoxisa ngoThixo ophilayo. Ngamana yakhalinyelwa ngenxa yamazwi aweve ngokwakhe uNdikhoyo uThixo wakho. Ngoko ke nceda uthandazele amasalela asindileyo.' "

5Athe ke akufika kuIsaya loo maphakathi kakumkani uHezekiya,

6uIsaya wathi kuwo: "Yixeleleni inkosi yenu ukuba uNdikhoyo uthi: 'Musa ukuxhalaba yiloo nto uyivileyo – loo mazwi athethwe ngamaphakathi kakumkani waseAsiriya endithuka.

7Uyabona ke, mna ndiza kumfaka umoya wokuba athi akuva umingi-mingi lodaba oluthile, asuke abuyele kwelakowabo. Khona apho ke ndiya kwenza ukuba abulawe ngekrele.' "

Ama-Asiriya athumela isoyikiso
(2 Kum 19:8-19)

8Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi yathi yakuva ukuba ukumkani waseAsiriya umkile eLakishe, suka yarhoxa, yabuya umva, yaza yafika ukumkani esilwa neLibhena.

9Ke uSenakeribhe wafumana udaba oluthi ukumkani uTiraka umKushe nanko ehlasela iAsiriya. Ngoko ke waphinda wathumela kuHezekiya esithi:

10"Yithi kukumkani uHezekiya wakwaJuda: 'Musa ukukhohliswa ngulo Thixo wakho umthembileyo. Uyakuxokisa xa esithi:

confias, disser: 'Jerusalém não cairá nas mãos do rei da Assíria!'

11 Certamente estás bem informado sobre o que os reis da Assíria fizeram a todas as terras, arrasando-as totalmente. E imaginas tu que poderás escapar?

12 Porventura os deuses nas nações que meus antecessores exterminaram conseguiram salvá-las, Gozã, Harã e Rezefere, e os descendentes de Éden que viviam em Telassar?

13 Ora, dizei-me, onde está agora o rei de Hamate? E o rei de Arpade, e o rei da cidade de Sefarváim, Hena e Iva?"

14 Assim que recebeu a carta das mãos dos mensageiros e a leu, imediatamente subiu ao Templo de Yahweh, abriu-a novamente diante do Eterno,

15 e expressou ao SENHOR a seguinte oração:

16 "Ó SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel, Tu que estás em teu trono real, acima de todos os querubins; Tu, só Tu, és o Deus de todos os reinos da terra; Tu formaste os céus e a terra.

17 Ó Yahweh amado, inclina teu ouvido ao meu clamor e atende esta oração; abre os teus olhos e contempla o teu servo; observa as palavras com que Senaqueribe vem afrontar o Deus vivo.

18 Yahweh, é verdade que os reis da Assíria têm exterminado todas as nações e devastado suas terras.

19 Tomaram os deuses cultuados por estes povos e os atiraram ao fogo destruindo-os

"IJerusalem ayiyi kuthinjwa ngukumkani waseAsiriya."

11Kaloku sowuzivile izigigaba zokumkani waseAsiriya kwezinye izizwe; uyazi ukuba wazibhukuqa wazitshabalalisa tu. Ke wena uthi uya kusinda njani?

12Babephi oothixo bezizwe ezatshatyalaliswa ngoobawo-mkhulu? Abazihlangulanga ngani ke oothixo baseGozan, eHaran, eRezefe, nabo babantu baseIdeni ababeseTelasare?

13Uphi ngoku ukumkani waseHamati, owaseArpadi; ukumkani wesixeko saseSefarvayim? Yena owaseHena nowaseIva uphi?' "

14Ezo zigidimi zamnika loo leta uHezekiya, waza ke yena wayifunda wayithatha waya nayo endlwini kaNdikhoyo, wafika wayandlala phambi koNdikhoyo.

15Wathandaza kuNdikhoyo, wathi:

16"Ndikhoyo, Somandla-onke, Thixo kaSirayeli, wena osesihlalweni phakathi kwezithunywa ezimaphiko, nguwe kuphela onguThixo olawula zonke izikumkani zehlabathi. Wena walidala izulu kwanehlabathi.

17Kaloku ke, Ndikhoyo, khawubek' iindlebe uphulaphule. Vula amehlo akho ujonge, Ndikhoyo. Khawuweve onke la mazwi awathumeleyo uSenakeribhe, ethuka uThixo ophilayo.

18Ngenene, Ndikhoyo, ookumkani baseAsiriya bazibhuqa bazitshabalalisa ezi zizwe zonke kunye nemihlaba yazo.

19Oothixo bazo wabafaka emlilweni, wabatshabalalisa; kuba kakade

por completo, pois, na verdade, tais deuses não passam de madeira e pedra, esculpidos com arte por mãos humanas.

babengethixo, koko yayiyimifanekiso eqingqwe zizandla zabantu ngomthi nangelitye.

[20] Agora, pois, ó Yahweh, nosso Deus Eterno, livra-nos das mãos dele, para que todos os reinos da terra saibam que só Tu, Yahweh, és Deus!"

[20]Ngoko ke ngoku, Ndikhoyo Thixo wethu, khawusihlangule kulo mfo, khon' ukuze zonke izikumkani zehlabathi ziqonde ukuba nguwe wedwa uNdikhoyo."

UIsaya uxela ukuwa kukaSenakeribhe

(2 Kum 19:20-37)

[21] Em seguida, Isaías, filho de Amoz, mandou esta mensagem a Ezequias: "Assim diz Yahweh, o Deus de Israel, a quem oraste por causa das ameaças de Senaqueribe, rei da Assíria.

[21]Ke uIsaya unyana ka-Amozi wathumela umyalezo kuHezekiya, esithi: " UNdikhoyo uThixo kaSirayeli uthi: 'Ndiwuvile umthandazo wakho mayela nokumkani waseAsiriya uSenakeribhe.'

[22] Esta é a palavra que o SENHOR determinou contra ele: 'A Filha, a Virgem Cidade de Tsión, Sião, te despreza e se ri de ti; a Filha de Jerusalém meneia a cabeça por detrás de ti.

[22]"Mayela naye ke uNdikhoyo uthi: 'Okokwakho, wena Senakeribhe, isixeko iZiyon siyakugcolodela, isixeko iZiyon sihlekisa ngawe. Ewe, iJerusalem ihlunguzel' intloko xa ikubona wena uswantsula.

[23] De quem zombaste, a quem afrontaste e contra quem blasfemaste? Contra quem levantaste a voz e ergueste os teus olhos arrogantes? Ora, contra o Santíssimo de Israel!

[23]Ngubani lo umngcikiva ngezinyeliso ezinje? Uba uthetha nabani, ukhwaza nje? Ngubani lo umjonge ngekratshi? Lowo ke nguYedwa kaSirayeli!

[24] Afrontaste o Eterno por meio de teus mensageiros ao proclamarem: "Com inúmeros carros de guerra subi os mais elevados e inóspitos cumes do Líbano. Derrubei os teus cedros mais nobres e robustos, os teus mais altos pinheiros. Entrei em tuas regiões mais distantes, no melhor de teus bosques, na parte mais fértil de tuas florestas.

[24]Wena uthumele izigidimi, uNdikhoyo wamfumba ngezithuko; kaloku ugcolode wathi: "Mna ndinenyambalala yeenqwelo; ngazo ndiqabel' iintab' eziphakamileyo, loo malenga-lenga aseLebhanon. Ndiyigawule imisedare yayo emide naloo mipayini yayo ingayiwayo. De ndafikelela nasekudeni, nditsho esitsikolweni sehlathi.

[25] Em terras estrangeiras cavei muitos poços e bebi de águas puras e cristalinas. E com as solas dos meus pés sequei todos os ribeiros do Egito!"

[25]Ndimbe amaqula kumazwe eentlanga, ndaza ke ndasela amanzi khona. Ndingqishe ngonyawo kuphela, ngazo zona ezi nyawo zam, zatsho zoma zonk' iintlambo eJiputa."

[26] Ora, não foste informado que há muito tempo Eu tracei este desígnio, e que já desde a antiguidade o havia determinado? Mas agora Eu o executo, e serás tu que transformará as cidades fortificadas em pilhas de escombros.

[27] Por isso os seus moradores, tendo pouca força, andaram apavorados e humilhados; tornaram-se como a erva do campo e como a relva verde, e como o mato dos telhados ou de um campo, que se queimaram antes de amadurecer.

[28] Mas eu conheço todos os teus movimentos: o teu sentar, o teu sair e o teu entrar, e o teu ódio contra minha pessoa.

[29] E, por causa do teu furor contra mim, e porque a tua arrogância chegou aos meus ouvidos, atarei meu anzol no teu nariz e o meu freio à tua boca, e te forçarei a voltar pelo caminho por onde vieste.

[30] E este será o sinal: Este ano comerás o que nascer espontaneamente; no segundo ano, o que dela brotar, e no terceiro ano semeia e colhe, planta vinhas e come os seus frutos.

[31] Pois o remanescente da Casa de Judá que permanecer com vida lançará raízes fortes na terra e produzirá frutos em abundância nos seus muitos ramos.

[32] Porquanto de Jerusalém brotarão sobreviventes e um remanescente do monte Sião. O zelo de Yahweh dos Exércitos realizará esta obra!

[33] Quanto ao rei da Assíria, eis o que diz Yahweh, o SENHOR: ‘Ele de modo algum adentrará nesta cidade e não conseguirá

[26]“ ‘Ngaba awuzange uve na, ukuba le nto yamiselwa ndim, ukuba sekuntsuku ndayicwangcisayo le nto yenzekayo namhlanje, ukuba wena udilize izixeko ezinqatyisiweyo, uzivuthulule zitsho zibe ngamabhodlo?

[27]Abemi bazo baphelelwe ngamandla; bathe nkamalala, bayanyongoba. Nqwa nomfino emasimini phaya ngathi zizithombo ezithukuzayo; ngathi yingc' entshula phezu kwendlu, esuk' itshe ingakhulanga nokukhula.

[28]“ ‘Kambe ke ndikwazi kakuhle; ndikwazi ukusuka nokuhlala namagwevu okundivukela kwakho.

[29]Kaloku wena uzimisele ukulwa nam. Ndivile nangokundinyelisa kwakho. Ndiza kukuqhobosha impumlo, ndikufake umkhala emlonyeni, ndikubuyisele aph' ubuvela khona.’

[30]“Nanku ke umqondiso wakho, Hezekiya: “ ‘Kulo nyaka uza kutya ummilela, kowesibini utye ummilela wommilela, kowesithathu ke uhlwayele uvune, utyale izidiliya, utye iziqhamo zazo.

[31]Ophinda ke amasalela endlu kaJuda amile; ewe, aya kuzinza, aqhelezele yinkqubela.

[32]Kaloku amasalela ovela eJerusalem, lithi nyalulu kwintaba iZiyon iqela lâbo babhungcileyo. UNdikhoyo onekhwele, nditsho uSomandla-onke, nguye oya kuyenza loo nto.’

[33]“Ewe, uNdikhoyo uthethe ngolu hlobo mayela nokumkani waseAsiriya: “ ‘Akasoze angene kwesi sixeko, engayi kudubula

atirar contra ela uma só de suas inúmeras flechas! Não a cercará com seus escudos, tampouco construirá rampas de cerco e invasão contra ela.

[34] Pelo mesmo caminho por onde veio, baterá em retirada; ele não entrará nesta cidade!' Palavra de Yahweh, o SENHOR.

[35] 'Eis que Eu mesmo defenderei esta cidade a fim de salvá-la por amor de mim e por amor de Davi, meu servo!'"

[36] Em seguida, o Anjo de Yahweh saiu e matou cento e oitenta e cinco mil guerreiros no próprio acampamento assírio. Assim que o povo se levantou ao raiar da manhã seguinte, só havia cadáveres espalhados pelo local.

[37] Então, Senaqueribe, rei da Assíria, fugiu do acampamento, voltou para Ninvê, Nínive, e lá permaneceu.

[38] Aí sucedeu que, certo dia, estando ele prostrado no templo de seu deus Nisroh, Nisroque, seus próprios filhos, Adraméleh, Adrameleque, e Sharétser, Sarezer, se aproximaram sorrateiramente e o assassinaram a espada; então fugiram para a terra de Ararate. E seu filho chamado Essar-Hadon, Esar-Hadom, assumiu o trono da Assíria como seu sucessor.

Isaías 38

A doença de Ezequias e a sua cura maravilhosa

[1] Por aquele tempo Ezequias ficou muito enfermo, à beira da morte. O profeta Isaías, filho de Amoz, foi visitá-lo e lhe declarou: "Assim diz Yahweh, o SENHOR: 'Põe em

lutolo apha. Akasoze eze phambi kwaso, engayi kusihlanganisela ngakhaka. Akasayi kwakha asingqinge esi sixeko.

[34]Ewe, wobuya agoduke kwangendlela ebeze ngayo. Soze angene kwesi sixeko! Nditshilo nje mna Ndikhoyo nditshilo.

[35]Ndiya kusihlanganisela esi sixeko; ewe, mna ndiya kusihlangula. Ngenxa yesidima segama lam, nangenxa yesicaka sam uDavide, yonke loo nto ndiya kuyenza.' "

[36]Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo saya kumkhosi wama-Asiriya, safika sabulala ikhulu elinamashumi asibhozo anantlanu lamawaka amajoni. Bathe ke bakuvuka ngentsasa elandelayo bazibona izidumbu zithe gangalala!

[37]Ngoko ke uSenakeribhe, ukumkani waseAsiriya, wazichitha warhoxa, wabuyela eNiniva, wahlala khona.

[38]Ngamhla uthile ke uthe esanqula kwindlu yothixo wakhe uNiseroki, suka oonyana bakhe uAdrameleki noSharezere bamhlasela, bambulala ngekrele, baza ke babalekela kwelaseArarati. Ke uEsaradoni, omnye koonyana bakhe, wangena esikhundleni sakhe, wangukumkani.

UIsaya 38

Ukugula kukaHezekiya

(2 Kum 20:1-11; 2 Gan 32:24-26)

[1]Ngelo thuba ke ukumkani uHezekiya wahlabeka, waza wagulela ukungabikho. Umshumayeli uIsaya, unyana ka-Amozi, waya kumbona, waza wathi kuye: " UNdikhoyo uthi: 'Lungisa imicimbi yomzi

ordem a tua casa, porquanto vais morrer; não te recuperarás desta doença!”

[2] Então Ezequias virou o rosto para a parede e clamou a Yahweh:

[3] “Ó SENHOR, lembra-te de que tenho andado na tua presença e de como tenho te servido com fidelidade, integridade de coração e sincera devoção. E tenho realizado tudo quanto é agradável aos teus olhos!” E Ezequias chorou com grande pesar.

[4] Contudo, veio a Palavra do SENHOR ao profeta Isaías:

[5] “Vai e comunica a Ezequias: ‘Eis a palavra de Yahweh, o Deus de teu antepassado Davi: Ouvi, pois, a tua oração e observei teu lamento e tuas lágrimas; acrescentarei quinze anos à sua vida.

[6] E mais, Eu livrarei a ti e esta cidade das mãos do rei da Assíria. Eu assegurarei a proteção desta cidade.

[7] Este é o sinal de que Yahweh fará o que empenhou sua palavra:

[8] Farei a sombra do sol retroceder os dez graus que ela já cobriu na escadaria de Acaz!” E a luz do sol, de fato, voltou os dez graus que tinha avançado sobre os degraus.

[9] Logo depois de recuperar-se de sua enfermidade, Ezequias, rei de Judá, escreveu a seguinte manifestação de louvor a Deus:

wakho ime kakuhle, kuba uza kufa, awuzukuphila.’ ”

[2]Ke uHezekiya wasuka wafulathela, wajonga eludongeni, wathandaza kuNdikhoyo, wathi:

[3]“Khumbula kaloku, Ndikhoyo, ukuba oko ndakunqulayo ndikukhonza ngentembeko nokunyaniseka, ndaba soloko ndihamba ngokomyalelo wakho.” Suka ke wangqukruleka kabuhlungu.

[4]UNdikhoyo wayalela uIsaya ngelithi:

[5]“Xelela uHezekiya uthi: ‘Nali ilizwi elithethwa nguNdikhoyo uThixo kayihlo uDavide: Ndiwuvile umthandazo wakho, ndazibona neenyembezi zakho. Ndiza kubongeza ngeminyaka elishumi elinesihlanu ubomi bakho.

[6]Futhi ndiza kukuhlangula wena kunye nesi sixeko kwisandla sokumkani waseAsiriya. Esi sixeko ndiza kusikhusela.’ ”

[7]UIsaya uqhube wathi: “Nanku umqondiso kaNdikhoyo ocacisa ukuba yena uya kwenza ngokwesithembiso sakhe:

[8]umthunzi welanga uza kuwuhlehlisa iinyawo ezilishumi, ubuye umva kulaa ndawo ukuyo kwisitupu sika-Ahazi.” Ngenene ke umthunzi welanga wahlehla iinyawo ezilishumi.

Umbongo kaHezekiya

[9]Ke kaloku akuphila uHezekiya, ukumkani wakwaJuda, wenza lo mbongo:

[10] “Disse eu no meu íntimo: ‘Em pleno vigor da minha vida tenho que passar pelas portas do Sheol, sepultura, e ser excluído do restante dos meus anos de vida?

[11] Então pensei: Ora, não voltarei a contemplar Yahweh agindo sobre a terra dos viventes; não observarei mais a humanidade, nem caminharei mais na companhia dos que agora habitam neste mundo.

[12] A minha casa foi derrubada e roubada de mim, como se fosse uma tenda de pastor. A minha vida se transformou em um novelo de lã, como faz o tecelão, e ele mesmo me cortou como um pedaço de tecido; durante dias e noites foi consumindo a minha vida.

[13] Contudo, aguardei pacientemente por um novo amanhecer, mas como um leão feroz ele quebrou todos os meus ossos; dia e noite foi acabando comigo.

[14] Eu gritava como a andorinha ou o tordo salpicado; e gemia como uma pomba chorosa. Contemplando os céus, os meus ossos foram enfraquecendo a cada dia. Ó Eterno, estou em grande angústia! Vem, por favor, em meu socorro!

[15] Entretanto, que falarei? Que hei de dizer-lhe? Foi ele que o fez. Ele falou comigo! Caminharei humildemente durante todos os anos de vida que me restam, por causa dessa aflição da minha alma.

[16] Ó Eterno, por causa de todas as tuas obras é que a humanidade vive e por elas também vive o meu espírito. Tu me restauraste a saúde e deixaste-me viver.

[10]“Phantse ndathi kanye xa ndiyindoda kwafuneka ndindwendwele kwelabafileyo, phofu ndingazukuphinda ndibuxhamle ubomi.

[11]Besendisithi soze ndibe sambona apha uNdikhoyo; besendimncamile kweli lizwe labaphilayo. Bendisithi ndahlukene noluntu mpela, kwanokuhamba-hamba kweli gada lomhlaba.

[12]Besendifana nephempe labelusi, ndisithi ubomi bam bunqanyulwe. Njengelaphu lomsonti nam phantse ndasongwa; imini nobusuku bendisithi kum iphelil' intw' ebithethwa.

[13]Bendizibamba ngeenkophe kude kuse; suka yena wandigramza njengengonyama. Imini nobusuku bendisithi kum iphelil' intw' ebithethwa.

[14]Ilizwi lam belinkwiniza ngokwenkonjane, ndiphatha kubhonga njengehobe. Amehlo ade aluzizi ndijonge phezulu. Khawulamle, Mhlekazi, ndafa!

[15]“Yaz'ba ndingathetha ndithini na kodwa? Kuba lo ngumlomo wakho; ewe, oku kukwenza kwakho. Maxa onke ndohlala ndidakumbile ngenxa yokudandatheka komoya wam.

[16]Ewe, Mhlekazi, kuphilwa ngolu hlobo; nomoya wam ngoku wanelisekile. Ndinyange nditsho ndibe ngumqaba-qaba, ngoko ke ndiphilele wena.

[17] Com isto a minha amargura se transformou em bem-estar. Tu preservaste a minha alma do abismo da destruição. Lançaste atrás de ti todos os meus pecados.
[18] Em verdade, não é o Sheol, a sepultura, que te louva, nem a morte que te glorifica, pois já não esperam em tua fidelidade aqueles que descem à cova.

[19] Os vivos, só os vivos é que podem te louvar e cantar como estou fazendo hoje. Os pais contam a tua fidelidade a seus filhos.

[20] Yahweh, o SENHOR, me salvou! Cantaremos este louvor com instrumentos de corda todos os dias de nossa vida no Templo do Eterno!"

[21] E Isaías ainda informara: "Aplicai um emplastro feito de figos no furúnculo e o enfermo se recuperará!"

[22] Ezequias havia indagado: "Qual será o sinal de que ainda subirei ao Templo de Yahweh?"

Isaías 39

Os embaixadores da Babilônia enviados a Jerusalém. O orgulho de Ezequias

[1] Naquela época, Merodaque Baladã, filho de Baladã, rei da Babilônia, enviou a Ezequias cartas e um presente, porquanto ficara sabendo de sua enfermidade e de sua magnífica recuperação.

[2] Ezequias alegrou-se com isto e mostrou aos mensageiros a sua casa do tesouro, a saber: a prata, o ouro, os perfumes, o óleo

[17]Ubukrakra bube lusizo kum; undihlangule kubo bonke ububi, waza ke wazixolela nezono zam.

[18]Akukho bani ukudumisayo engcwabeni; nokufa akumemeleli kukubonge. Abafileyo abakholosanga nganto; abakunanzanga nokunyaniseka kwakho.
[19]Kanti ke abaphilayo ngabo abakudumisayo, njengokuba nam ndisenjenjalo namhlanje; ooyise bona bagqithisela kubantwana, bebaxelela ngokunyaniseka kwakho.
[20]Ewe, Ndikhoyo, undiphilisile. Ngoku ke songqungqa simemelele, sintyiloze sitsho ngezentambula; siya kukudumisa endlwini yakho ngayo yonke imihla yobomi bethu."
[21]Kaloku uIsaya wayeyalele wathi: "Ithumba elo libekeleni ngentlama yomkhiwane, ukuze liphole, aphile umhlekazi."
[22]UHezekiya wabuza kuIsaya wathi: "Woba yintoni na umqondiso wokuba ndophinda ndibe nako ukuya endlwini kaNdikhoyo?"

UIsaya 39

Izigidimi zaseBhabheli

(2 Kum 20:12-19)

[1]Ke kaloku ngelo xesha ukumkani waseBhabheli, uMerodaki-bhaladan unyana kaBhaladan, weva ukuba ukumkani uHezekiya ubekhe wagula wabuya wachacha. Ngoko wambhalela iileta, wazithumela ngezigidimi kunye nesipho.
[2]Zifikile ke, uHezekiya wavuya, wazamkela, waza wazibonisa konke okwakukoovimba bakhe: isiliva, igolide, ubulawu, neziqholo,

fino, as especiarias raras, bem como todo o seu arsenal, tudo o que se encontrava em seus tesouros. Nada houve de valor em sua Casa real ou em todo o seu reino que Ezequias não lhes mostrasse.

3 Então o profeta Isaías foi ao rei Ezequias e questionou: “Que disseram estes homens e de onde vieram ter contigo?” Ao que Ezequias lhe respondeu: “Ora, eles vieram de uma terra distante, da Babilônia, para visitar-me!”

4 Diante disto, o profeta indagou: “O que eles viram em teu palácio?” Ezequias explicou: “Viram tudo o que existe em minha Casa real. Não há nada em meus tesouros que não lhes tenha apresentado!”

5 Então Isaías declarou ao rei Ezequias: “Ouve a palavra de Yahweh dos Exércitos:

6 ‘Dias se aproximam em que tudo o que há no teu palácio, o que os teus antepassados entesouraram até este dia, será levado para a Babilônia: nada será deixado!’ Assim diz o SENHOR.

7 ‘E alguns de teus próprios descendentes serão também levados, e serão feitos eunucos na Casa real do rei da Babilônia!’”

8 Mas o rei Ezequias compreendeu que esta palavra significava que durante a vida dele haveria paz e segurança em seu reino. Por esse motivo retrucou a Isaías: “Boa esta palavra de Yahweh que acabas de profetizar!”

Isaías 40

O livramento prometido ao povo de Israel

1 Consolai, consolai o meu povo, diz o vosso Deus,

ngokunjalo nazo zonke izikrweqe zomkhosi. Wazingenisa kubo bonke oovimba bakhe, akwabikho nto zingayibonanga apho ebhotwe nakubukumkani bakhe buphela.

3 Umshumayeli uIsaya ke waya kukumkani uHezekiya, wafika wabuza wathi: “La madoda ebevela phi, efuna ntoni khona?” UHezekiya uphendule wathi: “Aphuma kwelikude, eBhabheli, esiza kum.”

4“Ngaba kukho nto ayibonileyo ke apha komkhulu?” ubuzile umshumayeli. UHezekile uphendule ngelithi: “Akukho nto angayibonanga. Ndiwangenise kubo bonke oovimba bam.”

5Waza ke uIsaya wathi kuHezekiya: “Nali ke ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke:

6‘Ngenene kuza ithuba apho yonke into elapha komkhulu nalo lonke ilifa elashiywa ngooyihlo ukuza kuthi gaa namhlanje, liya kuthinjwa, lifuduselwe eBhabheli.’ Ewe, uNdikhoyo uthi akukho nto iya kusala.

7Abanye kubazukulwana besinqe sakho kanye baya kuthinjwa, baze benziwe amathenwa, babe zizicaka kwibhotwe lokumkani waseBhabheli.”

8“Eli lizwi likaNdikhoyo ulithethayo lifanelekile,” uphendule watsho uHezekiya. Kaloku wayesithi: “Noko kuya kubakho inzolo nokhuseleko ngemihla yokudla kwam ubomi.”

UIsaya 40

Iindaba zovuyo

1“Thuthuzelani, bathuthuzeleni abantu bam,” utsho kaloku uThixo wenu.

[2] falai ao coração de Jerusalém e dizei-lhe em alta voz que a sua missão está completa e que a sua obra se cumpriu, que a sua iniquidade está expiada, que ela recebeu da mão de Yahweh retribuição em dobro por todos os seus pecados.

[3] Há uma voz que clama: “Em meio à terra desértica preparai o caminho para Yahweh; na estepe, aplanai uma vereda para o nosso Deus!

[4] Seja entulhado todo o vale, todos os montes e colinas sejam aplanados; eis que os terrenos acidentados se tornarão planos; as escarpas serão niveladas.

[5] A Glória de Yahweh, o SENHOR, será revelada, e juntos, todos a contemplarão. Porquanto a boca de Yahweh o afirmou!”

[6] Eis outra voz que ordena: “Clama!”, ao que indago: “Que, pois, hei de clamar?” E ouço a resposta: “Toda carne é erva e toda a sua graça como a flor do campo.

[7] Seca-se a erva e murcha-se a flor, quando o vento de Yahweh sopra sobre elas; o povo não passa de relva frágil.

[8] A relva murcha e as flores caem, mas a Palavra de nosso Deus permanece eternamente!”

[9] Tu, que trazes boas novas a Tsión, Sião, suba num alto monte. Tu, que anuncias boas novas a Jerusalém, levanta a tua voz com fortes brados, ergue-a, não tenhas receio e proclama às cidades de Judá: “Eis aqui está o vosso Deus!”

[10] Yahweh, o Eterno vem com poder! Com seu braço forte ele governa. A tua paga está

[2]“Thethani kakuhle neJerusalem; dandulukani niyixelele ukuba umzabalazo wayo ufezekile. Kaloku izono zayo zixolelwe; uNdikhoyo uyibonelele ngaphezu kunobugwenxa bayo.”

[3]Nâlo ilizwi lidanduluka lisithi: “UNdikhoyo mhlahleleni indlela entlango; uThixo wethu mgeceleni uhola kwelibharhileyo.

[4]Zonke izigingqi mazidityelelwe, iintaba neenduli zidilizwe zibe ngamathafa, ke zona izixhobo zigqalwe zibe ziintili, amageduka aletyelwe abe zizithabazi.

[5]Ke ubungangamsha bukaNdikhoyo buya kutyhileka, lonke uluntu lububone. Kaloku lowo ngumlomo kaNdikhoyo.”

[6]Ndeva ilizwi lisithi: “Suka udanduluke uthethe.” Ndibuze ndathi: “Ndithethe ndithini na?” “Yithi: ‘Bonke abantu banjengengca; ubomi babo bulingana nobeentyatyambo.

[7]Kaloku ingca iyabuna, ivuthuluke intyatyambo yakubethwa ngumoya kaNdikhoyo. Ngenene uluntu nqwa nengca.

[8]Ingca iyatshaza, yona ke intyatyambo ibune, ke lona ilizwi loThixo wethu lohlala lihleli.’ ”

[9]Phakama unyukele entabeni, wena Ziyon, sigidimi seendaba ezimnandi. Danduluka umemeze, wena Jerusalem, mvakalisi weendaba ezimnandi. Sukoyika, danduluka umemeze. Yithi kwiidolophu zelakwaJuda: “Nanko ke uThixo wenu.”

[10]Kaloku iNkosi uNdikhoyo iza ngokomelela; iya kutsho ngolawulo olungqongqo. Kananjalo iphethe neziqhamo

guardada com ele, e diante dele segue o teu galardão!

11 Como bom pastor ele cuida do seu rebanho. Nos próprios braços ajunta os cordeirinhos e os conduz no colo; guia com todo cuidado as ovelhas que amamentam suas crias.

12 Ora, dizei-me: Quem pôde medir a águas na concha da sua mão? Quem conseguiu avaliar a extensão dos céus a palmos, medir o pó da terra com o alqueire, ou calcular o peso da terra, ou ainda pesar as montanhas na balança e as colinas nos seus pratos?

13 Quem teve acesso a mente do Espírito do Eterno; instruiu-lhe com seus conselhos?

14 Quem teve a capacidade de lhe dar lições, ensinamentos e esclarecimentos? Quem o orientou a julgar com justiça? Quem lhe ministrou o conhecimento e lhe indicou o caminho da sabedoria?

15 Na verdade todas as nações do mundo são como uma gota d'água num balde, como um grão de poeira na balança; o Eterno carrega as ilhas distantes como se fossem grãos de areia.

16 Em toda a região do Líbano, não há animais suficientes para realizar um sacrifício como Deus merece, nem mesmo árvores suficientes para queimar este holocausto.

17 Diante da presença do Eterno todas as nações juntas são como nada; para ele são sem valor e menos que nada.

18 Afinal, com quem Deus pode ser comparado? Com o que ele se parece?

zomsebenzi wayo; ewe, ihamba nebuyambo lemigudu yayo.

11Yona njengomalusi iyawulondoloza umhlambi; amatakane iwaqokelela iwafunqule, ke zona ezanyisayo izithundeze.

12Ngubani okhe alinganise amanzi ngethende lesandla, okanye olinganisa isibhakabhaka ngesandla? Mlinganiselo mni ongavalela uthuli lomhlaba, isisiphi isikali sokulinganisa iinduli neentaba?

13Ngubani ongaze amazi ncam uNdikhoyo, ingubani khona omcebisayo?

14Kakade uThixo lo ubhenela kubani, ingubani ongamfundisa okusesikweni? Ngubani ke omphokozela ulwazi, aze ambonise indlela yobulumko?

15Ngenene izizwe zifana nethontsi lamanzi ethungeni, nqwa nothuli azivakali nasesikalini; neziqithi ngokukwanjalo.

16Amahlathi aseLebhanon akawanele umlilo, neenyamakazi zakhona azilanele idini elitshiswayo.

17Izizwe zonke azinto kuThixo; yena akazazele nto konke-konke.

18Angalinganiswa nabani na uThixo? Khona, angafanekiswa nantoni?

[19] Ora, ele não é como uma imagem ou escultura feita por um artista, ou uma joia que um artesão funde e o ourives cobre de ouro e para a qual modela correntes de prata?

[19]Akafani nomfanekiso oqingqwa yingcibi, uze utyatyekwe ngegolide ngumnyibilikisi, uhonjiswe ngamakhonkco esiliva.

[20] Também não se compara com o ídolo do pobre, que não pode comprar ouro ou prata, mas que adquire um pedaço de madeira nobre e procura um hábil marceneiro a fim de produzir uma imagem que não caia e fique firme no seu lugar.

[20]Ihlwempu elingenasiliva nagolide lithatha umthi ongàdliwayo yimpehla, lifune ichule lomchweli, lona loqingqa umfanekiso ongashukumiyo.

[21] Porventura não sabeis? Não ouvistes? Não vos foi dito isso desde o princípio? Não entendestes desde a fundação da terra?

[21]Ngaba anazi na? Ngaba zange nive na? Zange nixelelwe na kwamandulo? Anikuqaphelanga ukusekwa kwehlabathi?

[22] Ele é o que está assentado em seu trono, acima da cúpula da terra, cujos habitantes são para ele como gafanhotos; ele é o que estende os céus como cortina e os desenrola como tenda para nela morar.

[22]Kaloku ladalwa ngulo ungqendeve esihlalweni emajukujukwini ngaphaya kwesibhakabhaka; kuye uluntu olu lunjengentothoviyane. Ngumtwabululi-sibhakabhaka njengomkhusane, asaneke njengentente yokuhlala.

[23] Ele é o que reduz os príncipes a nada e torna inúteis os juízes da terra.

[23]Iinkosi uzitsho zigqush' eluthulini, izithwala-ndwe azivuthulule zingabi nto yanto.

[24] Mal são plantados e semeados, e mal firmam raízes na terra, ele sopra sobre eles, então secam e a tempestade os leva como se fossem palha.

[24]Zithi zingekatyalwa nokutyalwa, ewe, zingekamili nokumila oku, suka azibhudle ngomoya zibune, isaqhwithi simke nazo njengomququ.

[25] Diz o Santíssimo: Com quem me comparareis? Com quem eu me assemelho?

[25]“Ngubani ke eningandilinganisa naye, ingubani endingade ndifane naye?” Uyabuza uThixo onguYedwa.

[26] Levantai os olhos e observai as alturas: Quem criou tudo isso? Foi aquele que coloca em marcha cada estrela do seu incontável exército celestial, e a todas chama pelo nome. O seu poder é incalculável; inextinguível a sua força, e, por isso,

[26]Khawujonge phezulu esibhakabhakeni; zidalwe ngubani ezi zinto? Lo uzikhokela njengomkhosi iinkwenkwezi yena uyalazi nenani lazo. Uzibiza ngamagama zonke ngazinye; ewe, akanganganto amandla akhe, ngoko akunakulahleka nob' ibe nye.

nenhum desses corpos celestes deixa de atender prontamente.

27 Por que, pois, reclamas, ó Jacó, e por que te queixas, ó Israel: “O Eterno não se interessa pela minha situação; o meu Deus não considera a minha causa”?

28 Não sabes, não ouviste que o Eterno, Yahweh, o SENHOR, o Criador de toda a terra, não se cansa nem fica exausto? Sua sabedoria é insondável, seu conhecimento incompreensível.

29 Faz forte ao cansado e multiplica o vigor dos que estão fatigados!

30 Ora, até os adolescentes se cansam e ficam exaustos, e os jovens tropeçam e caem;

31 mas aqueles que esperam no SENHOR renovam suas forças. Voam alto como águias; correm e não se fatigam, caminham e não se cansam.

27Ngani ke, Yakobi, ukuba ukhalaze, nditsho wena, Sirayeli, ukuba uthi: “UNdikhoyo akabuqondi ubume bam; uThixo wam akandazeleleli nganto”?

28Kanti ngaba awazi na? Ngaba zange uve na? UNdikhoyo nguThixo onguSonini-nanini; yena ngumdali wehlabathi jikelele. Yena soze adinwe atyhafe, nengqiqo yakhe ayiphengululeki.

29Yena ngumhlaziyi wâbo batyhafileyo, umomelezi wâbo bangenamandla.

30Kanti ke nolutsha luyadinwa lutyhafe, abafana bakhubeke bawe,

31kambe ke bona abakholosa ngoNdikhoyo bosuka bahlaziyeke bomelele. Bosuka bantinge baxel' ukhozi; noba sebebaleka, soze badinwe; ewe, baya kuhamba bangaze batyhafe.

Isaías 41

Jeová é o único Deus. Israel deve ter confiança unicamente nele

1 Ilhas, calai-vos, escutai, renovem os povos as suas forças, aproximem-se e, então, falem; cheguemo-nos e pleiteemos juntos.

2 Quem suscitou do Oriente aquele a cujos passos segue a vitória? Quem faz com que as nações se lhe submetam e que ele calque aos pés os reis, e com a sua espada os transforme em pó, e com o seu arco, em palha que o vento arrebata?

3 Persegue-os e passa adiante em segurança, por uma vereda que seus pés jamais trilharam.

UIsaya 41

Iqhaji lasempumalanga

1“Yithini cwaka niphulaphule, ziqith' ezikude; lungelani ukuxoxa, nina zizwe. Sondelani nizithethelele; yizani ke sihlangane, sinik' isigwebo.

2“Ngubani lo uqhway' iqhaji empumalanga, lo ulinik' indwe konke nje jikelele? Nguban' olenza loyis' izizwe nezikumkani, omkhonto wakh' uzenza zifane nothuli? Iintolo zakhe zibatsho bathi saa, basarhake okomququ emoyeni.

3Libasukelisa libaleqe lula nje. Asimendu! Ntaka yakwabani!

[4] Quem fez e agiu desta maneira? Quem chamou as gerações desde o princípio? Eu, Yahweh, que sou o primeiro e sou o mesmo com os últimos.

[4]Yaz'ba ngubani na umphembi wale ntlekele? Ngubani owasimiselayo esi sishiqi? Mna Ndikhoyo, yaba ndim kwasekuqaleni; ewe, yoba isendim nasekugqibeleni."

[5] As ilhas o viram e temeram; os confins da terra tremeram; aproximaram-se e vieram.

[5]Iziqith' ezikude nazo zibonile; ewe, iziphelo zomhlaba zitsho zarhwaqela zangcangcazela. Nâzo ziqokelelana zisiza.

[6] Um ajudou o outro e disse ao seu companheiro: "Esforça-te!"

[6]Ziyancedana esinye nesinye; ewe, zikhuthazana ngelithi: "Yomelelani!"

[7] Assim o artesão animou o ourives, e o que alisa o martelo encorajou o que bate na bigorna. Ele diz sobre a peça soldada: "Está boa!" E fixa o ídolo com prego para que não tombe nem se mova do lugar.

[7]Umchweli ukhuthaza umnyibilikisi, nàlo ugudisa umfanekiso ukhuthaza lo uwudibanisayo. Uthi: "Hayi, ngunonca!" Batsho babethelele isikhonkwane, uqine nkqi umfanekiso.

Umkhuseli kaSirayeli

[8] "Mas tu, ó Israel, servo meu; tu Jacó, a quem escolhi, descendência de Abraão, meu amigo;

[8]"Ke wena, sicaka sam Sirayeli, nditsho wena, ndlu kaYakobi, wena uluhlanga endilunyulileyo, uyinzala yesihlobo sam uAbraham.

[9] tu, a quem tirei dos confins da terra, chamei desde os seus cantos e te disse: Tu és o meu servo, Eu te escolhi e não te rejeitei;

[9]Ndakulanda eziphelweni zehlabathi, ndakubiza kwiindawo ezisekudeni, ndaza ndathi: 'Usisicaka sam.' Andikubukulanga; ndakunyula.

[10] Por isso não temas, porque estou contigo; não te assustes, porque sou o teu Deus; Eu te fortaleço, ajudo e sustento com a mão direita da minha justiça.

[10]Ngoko ke ndinawe, sukoyika; ndinguThixo wakho, sukuphakuzela. Ndiza kukomeleza ndikusize, amandla am asindisayo akuxhase akukhusele.

[11] "Todos os que se revoltam contra ti serão humilhados e frustrados; serão reduzidos a nada; e os que se colocam contra ti perecerão.

[11]"Ke bona abo bakusunduzayo baya kuhlaziswa; ewe, abakulwayo soze babe nto.

[12] Ainda que busques os que lutam contra ti, não os encontrarás; e os que guerreiam contigo serão reduzidos a nada e perecerão.

[12]Iintshaba zakho uya kuzifuna, kambe ke sobe uzifumane. Abalwa nawe bophel' emehlweni.

13 Porque Eu, o SENHOR teu Deus, te seguro pela mão direita e te declaro: Não temas, Eu te ajudarei.

14 Não temas, ó verme de Jacó, ó povozinho de Israel, pois Eu mesmo te ajudarei!", proclama Yahweh, o SENHOR, o teu Redentor, o Santíssimo de Israel.

15 "Eis que farei de ti um novo e cortante debulhador, repleto de lâminas afiadas; trilharás os montes e os moerás; reduzirás as colinas a palha.

16 Tu os joeirarás e o vento levará; o furacão os dispersará. Tu te regozijarás em Yahweh, no Santíssimo de Israel te gloriarás.

17 Os pobres e os indigentes buscam água, e não a encontram! Suas línguas estão ressequidas de sede. Mas Eu, o Eterno, lhes responderei; Eu, o Deus de Israel, não os abandonarei.

18 Abrirei rios nas colinas estéreis e fontes nos vales. Transformarei o deserto num lago, e o chão seco em mananciais.

19 Plantarei no deserto: o cedro, a acácia, a murta e a oliveira. Colocarei juntos no ermo o cipreste, o abeto e o pinheiro,

20 para que todos observem, saibam, considerem juntos e compreendam que foi a mão de Yahweh que fez isso, e o Santo de Israel o criou!

13Mna ndinguNdikhoyo, uThixo wakho; ndokugcina ndikomeleze, ndithi kuwe: 'Sukuphaphazela, ndiza kukunceda.'

14"Ewe, mna Ndikhoyo ndithi: 'Ubuthathak' unjalo, Yakobi, nimbalwa ninjalo, Sirayeli, kodwa sukoyika, ndiza kukusiza. Mna Yedwa, Thixo kaSirayeli, ndim okukhululayo.'

15Ndokutsh' ube ngathi usisileyi sokubhula esinangayiway' amazinyo amatsha. Wozicol' iintaba uzivuthulule, iinduli uzicole zibe luthuli.

16Uya kuzijiwuza emoyeni, ke won' umoya uzitsho ziphephetheke; uqhwithelo lozithatha lumke nazo. Ke wena utsho wonwatyiswe nguNdikhoyo, undidumise mna Yedwa kaSirayeli.

17"Abahlelelekileyo bam bofuna amanzi bancame; sebekhothekile bona lunxano. Ke mna Ndikhoyo ndosisabela isikhalo sabo – mna Thixo kaSirayeli soze ndibalahle.

18Ndogqabhuz' imilambo emqwebedini, kutsho kumpompoz' imithomb' ezintilini, intlango ndiyijike ibe yimigxobhozo, umqwebedu utsho unkcenkcez' amanzi.

19Entlango kokhul' imisedare, ibe ngumngampunzi, umnquma, nemetile. Elibharhileyo lokhula ipayini, isipresi, nomgalagala.

20Boyibona abantu le nto baqonde, baqaphele bazi, bathi nguNdikhoyo lo uyenzileyo. Ewe ngenene, botsho baqonde ukuba oku kudalwe nguYedwa kaSirayeli."

Umngeni kwimifanekiso eqingqiweyo

21 “Apresentai a vossa causa”, diz Yahweh. “Apresentai as vossas razões”, convoca o rei de Jacó.

21“Nina zithixo zeentlanga, ethe ubungqina benu;” utsho uNdikhoyo. Ewe, uKumkani kaSirayeli uthi: “Khaniyibeke apha ingxoxo yenu, sive.

22 Trazei os vossos ídolos para que nos anunciem o que há de acontecer; falai-nos dos eventos passados para que os consideremos e saibamos o fim deles; ou mostrai-nos o que haverá de ocorrer no futuro.

22Yizani kaloku, xelani izinto ezizayo; chazelan' inkundla iziganeko zamandulo; ewe, zichazeni nentsingiselo yazo.

23 Anunciai-nos acontecimentos vindouros para que saibamos que sois deuses; fazei bem ou fazei mal, para que temamos e fiquemos atônitos.

23Khanisixelele ngekamva kaloku; khona nathi sotsho sithi ningoothixo. Yenzani noba yentle okanye ebuhlungu; nathi sitsho sirhwaqele, soyike.

24 Vós não sois nada, e o que fazeis é vão e inútil; quem vos escolhe é abominável!

24Okokwenu nina niyinkunkuma, nemisebenzi yenu yimfitshi-mfitshi. Bangamasikizi abo banichongayo.

25 “Eis que despertei um homem e do Norte ele vem; desde o nascente anuncia a todos o meu Nome. Pisa sobre magistrados e grandes líderes como quem pisa sobre a argamassa, como o oleiro amassa o barro.

25“Ke mna ndixhokonxe umfo wasentla; uyeza – ondihloniphayo nanko evela empumalanga. Iziphathamandla uzixovula ngathi ludongwe, ngathi ngumbumbi exonxa udongwe.

26 Quem anunciou isso desde o princípio para que saibamos? Ou anteriormente, para que digamos: ‘Ele estava certo? Não há quem proclame, nem quem manifeste, nem quem ouça as vossas palavras.

26Le nto ngubani oyazise kwantlandlolo kuni, owasilumkisayo ukuze siningqinele? Akukho namnye wakha wayixela, engekho nowakha wayithi thupha.

27 Eu Sou o que desde o princípio disse a Tsión, Sião: Eis! Vede o que está acontecendo! A Jerusalém, pois, Eu darei um Mensageiro de boas novas.

27Ndim mna kuqala owayixelelayo iZiyon, ndathi: ‘Nâbo besiza.’ Ndathumela isigidimi eJerusalem, umvakalisi weendaba ezimnandi.

28 Olho, e não há ninguém entre eles, nenhum conselheiro que dê resposta quando indago.

28Ndakuzikhangela ke izithixo ezo zonke ndifika zisik' umlomo, kungekho nasinye sinako ukundiphendula.

29 Vede! São todos uma ilusão, uma falsidade. As suas obras são vazias; as suas

29Zonke ziyimfeketho nje. Hayi, azinakwenza nto mpela-mpela; ngamabhetye-bhetye nje emifanekiso.”

imagens de fundição, apenas sopro e nulidade!

Isaías 42

O Servo do Senhor

[1] Eis o meu Servo a quem sustenho, o meu eleito, em quem tenho toda a alegria. Tenho nele o meu Espírito e ele fará justiça às nações!

[2] Não usará de gritos, nem clamará ou levantará a voz pelas ruas.

[3] Não quebrará o caniço rachado e não apagará o pavio que esfumaça. Em verdade e fidelidade implementará a justiça.

[4] Não se quebrará diante da fraqueza, nem se deixará abater, até que estabeleça a justiça na terra. Em sua lei até as mais longínquas e diminutas ilhas depositarão sua esperança!"

[5] Assim diz Deus, Yahweh, que criou os céus e os desenrolou, e estendeu a terra e o que dela brota; que dá ao povo que nela habita o espírito, o fôlego da vida a todos que por ela caminham.

[6] Eu, Yahweh, te convoquei em justiça; tomei-te pela mão e guardei-te; Eu te estabeleci mediador da Aliança com o povo e Luz para as nações;

[7] a fim de abrir os olhos dos cegos, para tirar da prisão os presos e do cárcere os que habitam em trevas.

[8] Eu Sou Yahweh, o SENHOR; este é o meu Nome! Não dividirei a minha glória a nenhum outro ser, tampouco entregarei o meu louvor às imagens esculpidas.

UIsaya 42

Isicaka sikaNdikhoyo

[1] UNdikhoyo uThixo uthethe wathi: "Nasi isicaka sam endisixhasayo. Yena ngumnyulwa wam ondikholisayo; ndimthe jize ngoMoya wam, izizwe zonk' uziphakel' ubulungisa.

[2]Yena akakhwazi amemeze; hayi, akadanduluki ezitalatweni.

[3]Ingcongolo ecekethekileyo soze ayaphule, nesibane esilozisayo soze asicime, koko uphak' ubulungisa ngokunyaniseka.

[4]Yena ke soze atyhafe adangale, de aphak' ubulungisa ehlabathini; nezizw' ezikude zilindel' umthetho wakhe."

[5]Nalu udaba lukaThixo uNdikhoyo, umdali owatwabulula amazulu; nguye owalaneka ihlabathi nako konk' okwalo; abemi balo wabaphakel' ubomi, abantu balo wabanik' ukuphefumla:

[6]"Mna Ndikhoyo ndikubizile; ewe, ndingothembekileyo. Kaloku ndosoloko ndinawe, ndikulondoloze, ndikwenze umnqophiso nabantu bam, ube kukukhanya ezizweni.

[7]Wena uza kuvula amehlo eemfama; nguwe oza kukhulula amabanjwa; nguwe oza kuvula intolongo emnyama.

[8]"Mna ndinguNdikhoyo – igama lam ncakasana. Ubungangamsha bam andinikisi ngabo; udumo lwam aluzuzwa yimifanekiso enqulwayo.

[9] Os primeiros grandes eventos já foram todos realizados; portanto, Eu vos anuncio novos e magníficos acontecimentos; Eis que Eu vos dou a saber antes que ocorram!

[10] Cantai, pois, ao SENHOR um cântico novo e o seu louvor desde a extremidade da terra; vós os que navegais pelo mar, e tudo quanto nele há; vós, ilhas todas, e os vossos habitantes.

[11] O deserto e as suas cidades levantem a voz com os povoados habitados por Quedar; exultem os que habitam nas rochas e clamem do cimo dos montes;

[12] declarem honra a Yahweh e anunciem a sua glória em todas as terras sobre o mar!

[13] O Eterno sairá como valente, homem poderoso, como guerreiro despertará o seu zelo; com forte brado exclamará: Guerra! E demonstrará toda a sua força contra os seus inimigos.

[14] “Ora, por muito tempo me calei; estive em silêncio e me contive; mas é chegada a hora em que gritarei como a parturiente, e ao mesmo tempo gemerei, e minha respiração será ofegante.

[15] Arrasarei as montanhas e as colinas, e secarei toda a vegetação; transformarei grandes rios em ilhas e secarei os açudes.

[16] Conduzirei os cegos por caminhos que eles não conheceram, por veredas desconhecidas Eu os guiarei; tornarei as mais densas trevas em luz diante deles e farei retos os lugares acidentados. Eis

[9]Zinto endazixelayo zenzekile, futhi nezintsha ngoku ndiyazibhengeza; ewe, ndizixela zingekathunguluti.”

Ingoma yokudumisa uNdikhoyo

[10]Ntyilozani niculele uNdikhoyo ingoma entsha. Malimdumise limbonge ihlabathi jikelele; nditsho nani nonke abahamba phezu kolwandle. Mazingathi cwaka nezilwanyana zolwandle; nezikud' izizwe mazibonge zibongisele.

[11]Mayidumise nentlango nezixeko zayo; nabaseKedare mabadumise uThixo; nabaseSela mabamemelele ngemincili; ewe, mabamemeze naphezu kweentaba.

[12]Nabo bemi kwizizwe ezikude mabamdumise uNdikhoyo.

[13]UNdikhoyo yena ufunza njengegorha; yena selequle wada waligangatha. Nankw' esitsho ngentlaba-mkhosi, nto leyo idiza ukutshatshela kwakhe.

UThixo uthembisa ngoncedo

[14] UNdikhoyo uthethe wathi: “Kaloku sekumzuzu ndithe cwaka; suka ndadl' imu ndazibamba. Ngoku ke okomfazi osikwa yinimba ndozibhija-bhija ndide ndibhonge.

[15]Iinduli neentaba ndosuka ndizibhulule, okwakuyingca nemithi ndikomise. Imilambo ndoyibharhisa yome khonkqo, imigxobhozo nezadunge zitshe khothe.

[16]Iimfama ndozihambisa ngeendlela ezingazaziyo; ewe, ndozikhokela ngomendo ongaqhelekanga. Kubo ubumnyama ndobujika bube kukukhanya; iingxondorha zojika zibe ngamathafa. Ezo zinto ndiya kuzenza; futhi ke soze ndizityeshele konke.

apenas algumas das transformações que realizarei. Eu jamais os desampararei.

[17] Cobertos de vergonha e humilhação, recuarão aqueles que confiam em ídolos, que dizem às suas imagens fundidas: 'Vós sois os nossos deuses!'

[18] Ó surdos, ouvi! E vós, cegos, fixai vossos olhos, para que possais enxergar.

[19] Quem é cego, senão o meu servo, ou surdo, como o profeta que envio? Quem é cego como o meu amigo, e cego como o servo de Yahweh?

[20] Tu vistes muitos feitos e obras magníficas, mas não destes nenhuma atenção; ainda que tenhas os ouvidos abertos, nada ouves.

[21] Aprouve a Yahweh, por causa da sua justiça, tornar a Torá, a Lei, grande e majestosa.

[22] Não obstante, este é um povo espoliado, roubado e saqueado; todos estão enlaçados em cavernas e escondidos em cárceres; são postos como presa, e ninguém há que os resgate; por despojo, e não há quem exclame: "Trazei de volta!"

[23] Quem há entre vós que ouça isto? Que prestará atenção e escutará deste momento em diante?

[24] Quem entregou Jacó por despojo e Israel aos assaltantes? Será que não foi Yahweh, aquele contra quem pecamos, em cujos caminhos eles não queriam andar, e a cuja Torá, Lei, não desejavam obedecer?

[17]Ke bona abakholosa ngemifanekiso, abo bayinqulayo besithi: ' Ningoothixo bethu,' ngenene baya kuphoxeka bahlazeke."

Ubumfama nokungeva kukaSirayeli

[18] UNdikhoyo uthethe wathi: "Khaniphulaphule ke, nani zithulu; khangelani nibone, nani zimfama.

[19]Kakade ngubani oyimfama kunesicaka sam? Sithulu saphi esidlula isigidimi sam? Ngubani oyimfama okwalowo ungowam; nditsho oyimfama njengesicaka sikaNdikhoyo?

[20]Ewe, ubonile kambe, Sirayeli; nto nje ayikuncedanga nto loo nto; uvile kambe nangeendlebe zakho, kodwa suka awaphulaphula."

[21]UNdikhoyo othembekileyo yena ulangazelel' ukunceda; imfundiso yakhe uyayiqaqambisa.

[22]Kambe ke aba bantu zizisulu zokuxhatshazwa; sebatshixelwa kwamnyama-ndawo, bade baya kufihlwa ezintolongweni. Ziindwayi ezingamaxhob' ukuxhatshazwa; ziintw' ezingenabani wakuzihlangula. Akakho othi: "Godukani ngoku."

[23]Yaz'ba ngubani na ozimiseleyo ukuphulaphula ukuze aqonde kwixa elizayo?

[24]Nguban' ophise ngoYakobi kubaphangi, onikele ngoSirayeli kubaxhaphazi? IkwanguNdikhoyo lo sikreqe kuye, sisuke asahamba ngendlela yakhe, suka asaphulaphula simthobele.

[25] De tal maneira que o Eterno lançou sobre eles o seu furor, a violência da guerra. Ele ateou-lhes fogo ao redor; contudo, nada conseguiram aprender dessa lição; a repreensão os consumiu, mas mesmo assim não deram atenção à correção do SENHOR.

Isaías 43

Só Deus resgata Israel

[1] Mas agora, assim diz Yahweh que te criou, ó Jacó; e que te deu forma ó Israel: "Não temas, porquanto Eu te salvei. Convoquei-te pelo teu nome; tu és meu!

[2] Quando passares pelas águas, Eu serei contigo; quando, pelos rios, eles não te submergirão; quando caminhares pelo fogo, não te queimarás, nem a chama arderá em ti.

[3] Porque Eu Sou Yahweh, teu Deus, o Santíssimo de Israel, o teu Salvador; dei o Egito por teu resgate e Cuxe, a Etiópia, e Sebá, por ti.

[4] Visto que foste precioso aos meus olhos, digno de honra, e Eu muito te amei, darei homens por ti e os povos, pela tua vida.

[5] Não temas, pois, porque Eu Sou contigo! Trarei a tua descendência desde o Oriente e te ajuntarei desde o Ocidente.

[6] Ordenarei ao Norte: "Dá!"; e ao Sul: "Não retenhas!" Trazei hoje meus filhos distantes, e todas as minhas filhas, das extremidades da terra;

[7] todo que é chamado pelo meu Nome, que criei para minha própria glória e alegria, e aos quais dei forma.

[25]Suka ke wavulela umsindo wakhe, ukuze thina sidad' emfazweni. Utsho ngomsind' odangazelayo, koko uSirayeli tu ukuqonda; suka wavaleka mpela-mpela, akahoya nokuhoya.

UIsaya 43

UThixo uthembisa ukukhulula abantu bakhe

[1]Ngoku ke uNdikhoyo, umdali wakho, Yakobi, nombumbi wakho, Sirayeli, uthi: "Uze ungaxhali wena, ndikuhlawulele; ndikubize ngegama, ungowam ncakasana.

[2]Noba sewucand' emanzini, mna ndiya kuba nawe; noba sowuwela imilambo, ayisoze ibe nako ukukukhukulisa; nditsho sowucand' emlilweni, soze urhawuke; amadangatye akanakukutshisa wena.

[3]Kaloku mna Ndikhoyo ndinguThixo wakho, uYedwa kaSirayeli, uMhlanguli wakho. Ndinikezela ngeJiputa ukukuhlawulela; iKushe neSebha zothath' indawo yakho.

[4]Kum uxabisekile ke kambe; yeka elo wonga, andikuthandi ngako! Ndincam' izizwe ngenxa yakho; ndinikezel' iintlanga, ndizuze wena.

[5]Uze ungaxhali, ndinawe mna; inzala yakho ndoyiqokelela empumalanga, nina ndiniphuthume nasentshonalanga.

[6]Kwelasentla ndothi: 'Bakhulule bagoduke,' kwelasezantsi ndithi: 'Ungabathinteli.' Oonyana bam babuyise kwelikude, neentombi zam eziphelweni zehlabathi,

[7]nditsho wonke umntu obizwa ngegama lam, wonke endamdalela udumo lwam, wonke endambumbayo ndamenza."

[8] Fazei sair o povo que tem olhos, mas não consegue enxergar; e os que têm ouvidos, mas perderam a capacidade de escutar.
[9] Todas as nações se ajuntam e os povos se reúnem. Quem dentre eles predisse isto ou pode anunciar as magníficas obras passadas? Ora, que eles nos apresentem suas testemunhas, a fim de provarem que estavam, de fato, certos; para que outros ouçam e exclamem: 'É verdade!'
[10] 'Vós sois as minhas testemunhas!', diz Yahweh, 'e meu servo a quem escolhi, para que o saibais, e creiais em minha pessoa, e entendais que Eu Sou Deus e que antes de mim nenhum deus se formou, tampouco haverá algum depois de mim.
[11] Eu, eu mesmo, sou Yahweh, o SENHOR, e além de mim não há Salvador algum.
[12] Eu revelei, salvei e proclamei; Eu, e não um deus estrangeiro, de qualquer outra nação, entre vós que o fizestes. Portanto, sois minhas testemunhas de que Eu Sou Deus', assim declara Yahweh!
[13] Desde toda a eternidade, Eu o Sou; e não há nada nem ninguém que possa fazer escapar algo ou alguém das minhas mãos. Agindo Eu, quem impedirá?"

[14] Assim diz o SENHOR, vosso Redentor, o Santíssimo de Israel: "Por amor de vós, enviarei inimigos contra a Babilônia e a todos os de lá farei embarcar como fugitivos, isto é, os caldeus, nos navios com os quais se vangloriavam.
[15] Eu Sou Yahweh, o SENHOR, o vosso Santo, o Criador de Israel, o vosso Rei.

[8]Yiza nâbo bantu bangaboniyo benamehlo, uze nâbo bangaphulaphuliyo beneendlebe.

[9]Zibizeni zonke izizwe; mazihlanganisane iintlanga. Koothixo bazo nguwuphi owayixelayo le nto yenzekayo namhlanje, wasazisa nangezinto ezenzeke mandulo? Ewe, mazize nawazo amangqina, khon' ukuze abevayo bathi: "Axel' inyaniso."

[10]"Ke nina ningamangqina am," utsho uNdikhoyo, "izicaka zam endazinyulayo, ukuze nindazi nikholose ngam, niqonde ukuba ndinguye endinguye. Ngaphambi kwam akukhange kubekho thixo; ewe, yaye engasoze abekho.

[11]Mna ndim uNdikhoyo, ndim ndedwa ohlangulayo.

[12]Mna andingothixo wasemzini kuni. Kaloku ndaxela, ndahlangula, ndavakalisa. Nina ngokwenu ningamangqina am ukuba ndinguThixo," utsho uNdikhoyo.

[13]"Ewe, bendingokhoyo kwamandulo; akukho kuphuncuka esandleni sam; endikwenzayo akujikwa mntu."

UThixo uvelisa into entsha

[14] UNdikhoyo uMkhululi wenu, yena uYedwa kaSirayeli, uthi: "Ngenxa yenu ndothumela eBhabheli, atsho amaKaledi asabe ngezo nqanawa zawo zeqhayiya.

[15]Mna ndinguNdikhoyo, uYedwa wenu, uMdali noKumkani wakho, Sirayeli."

[16] Assim diz Yahweh, o que outrora preparou um caminho no mar e nas águas impetuosas, uma vereda;

[16]Utsho uNdikhoyo, umavul' indlela enqumla elwandle, nditsho indlela ecanda kumsinga olephuzayo;

[17] o que fez sair o carro e o cavalo, o exército e a força; eles juntamente jazem ali e jamais se levantarão; estão extintos, apagados como um pavio.

[17]umkhosi wamagorha wawurholela enzonzobileni, uwonke nje iinqwelo namahashe; wafadalala, soze uphinde uthini, wafuthaniselwa mpela njengekhandlela:

[18] Não vos lembreis dos acontecimentos passados, nem considereis os fatos antigos.

[18]“Kambe ke sanukubambelela kwisiganeko sezolo; hayi bo, sanukunokoza ezamandulo.

[19] Eis que realizo uma nova obra, que já está para acontecer. Não percebestes ainda? Porei um caminho no deserto e rios no ermo.

[19]Khangelani ke, ngoku ndenza entsha; ewe, seyisenzeka, nani niyayibona. Ndiza kuvul' indlela enkangala, kutsho kuqukuqele imilambo entlango.

[20] Os animais do campo me honrarão, os chacais e os avestruzes, porque porei águas no deserto e rios no ermo para dar de beber ao meu povo, ao meu escolhido;

[20]Neenyamakazi ngokwazo zondihlonela, oodyakalashe neenciniba zindincome, xa sendimpompozis' amanz' entlango, kubalek' imilambo enkangala, khon' ukuze lusel' usapho lwam, nditsho usapho olukhethiweyo,

[21] povo que formei para mim, para que proclamasse a minha adoração.

[21]bantu abo ke ndazidalelayo, khon' ukuze bandidumise.”

Isono sikaSirayeli

[22] Contudo, não me invocaste, ó Jacó, mas te cansaste de mim, ó Israel.

[22] UNdikhoyo uthi: “Suka ke wena, Yakobi, akwandinqula; ewe, suka akwaziduba ngam, wena Sirayeli.

[23] Não me trouxeste ovelhas para holocaustos, nem foi a mim que honraste com os teus sacrifícios. Não te exigi ofertas, nem te cansei com exigências de incenso.

[23]Akuwenzelanga mna amadini atshiswayo; ewe, akundiwonganga ngeminikelo. Phofu akuxhanyulwanga ndim ngamadini; andikukhathazanga nangaziqhumiso.

[24] Não gastaste prata para comprar-me cana aromática, nem me satisfizeste com gordura dos teus sacrifícios. Mas me sobrecarregaste com teus pecados e me deixaste exausto com tuas ofensas.

[24]Akundenzelanga siqhumiso sivumba limnandi, ungandanelisanga nangamanqatha ezilwanyana; suka wandisinda ngezono zakho, wandikruqula ngemikhuba oyenzayo.

[25] Sou Eu, Eu mesmo, aquele que apaga tuas transgressões, por amor de mim, e que não se lembra mais de teus erros e pecados.

[26] Relembra o teu passado para mim; vamos discutir a tua causa. Apresenta as tuas razões e motivos para que possas te justificar!

[27] Teu primeiro pai pecou e os teus guias se rebelaram contra mim.

[28] Por este motivo humilharei os líderes do Santuário, e entregarei Jacó à destruição, e Israel aos ultrajes!”

Isaías 44

A soberania de Deus. A vaidade dos ídolos

[1] Agora, pois, ouve, ó Jacó, servo meu, ó Israel, a quem escolhi.

[2] Assim declara Yahweh que te criou e te formou desde o ventre, e que te ajudará: “Não temas, ó Jacó, servo meu; Ieshurun, o incorruptível, a quem escolhi.

[3] Porque despejarei água sobre o sedento e torrentes sobre a terra seca; derramarei o meu Espírito sobre a tua posteridade e a minha bênção sobre a tua descendência;

[4] eles brotarão como grama, como salgueiros junto às correntes de águas.

[5] Um dirá: Eu Sou Yahweh; e outro chamará a si mesmo pelo nome de Jacó; e ainda outro escreverá na própria mão: “Pertenço ao Eterno”; e tomará o nome de Israel por sobrenome.

[6] “Assim diz Yahweh, o SENHOR, o rei de Israel, o seu Redentor, o Eterno dos

[25]“Ukanti mna ndim ozisusayo izono zakho. Ndenjenjalo ngenxa yesidima sam; ukundivukela kwakho sobe ndibe sakukhumbula.

[26]Yiza ke undimangalele; yiza kaloku sixoxe, ukuze kucace onetyala.

[27]Kaloku ukhokho wenu wôna, neenkokheli zenu zandivukela.

[28]Mna ndozihlazisa izithwala-ndwe zesibingelelo senu, ngoko ke uYakobi ndomzisela intshabalalo; ewe, amaSirayeli ndiwayekele abe sisigculelo.”

UIsaya 44

UNdikhoyo kuphela koThixo

[1]“Phulaphula, Yakobi sicaka sam, wena Sirayeli endimnyulileyo,

[2]uthi uNdikhoyo, umenzi wakho owakubumba esizalweni, yena owahlala ekunceda: Ungabi naxhala, Yakobi sicaka sam; ungumnyulwa wam endimthandayo.

[3]Ndowuphokozel' amanzi umhlaba onxaniweyo, kuqukuqele imilambo enkangala, inzala yakho ndiyithululele uMoya wam, intsikelelo yam ifukame phezu kwayo.

[4]Iya kuhluma njengengca eludadeni, njengemingcunube phezu komlambo.

[5]Uthile wothi: ‘NdingokaNdikhoyo;’ omnye azibandakanye nendlu kaYakobi; wumbi agximfizwe ‘Ndikhoyo’ esandleni, naye azibize ngokuba ngumSirayeli.”

[6]UNdikhoyo uKumkani kaSirayeli noMkhululi wakhe, nditsho uSomandla-onke, uthi: “Ndingowokuqala;

Exércitos: 'Eu Sou o primeiro e Eu Sou o último; além de mim não há Deus.

[7] Quem então é como eu? Que clame! Que anuncie, que o declare na minha presença; desde que estabeleci um povo eterno, diga ele o que se passa e revele o que deve acontecer.

[8] Não vos apavoreis, não temais; não vo-lo dei a conhecer há muito tempo e não o declarei Eu? Vós sois as minhas testemunhas. Porventura existe um Deus fora de mim? Não, não existe nenhuma outra Rocha; não conheço nenhuma!"

[9] Os que modelam ídolos nada são, as suas obras de arte e objetos preciosos não podem lhes trazer nenhum proveito! Tudo isso é vão! As suas testemunhas nada veem e nada sabem, a fim de que sejam humilhados por seus próprios feitos.

[10] Quem é que esculpe ou modela um deus e funde uma imagem, que nada lhe serve?

[11] Com certeza, todos os seus companheiros e devotos serão envergonhados, bem como os seus artífices, que não passam de seres humanos. Reúnam-se todos eles e apresentem-se; todos eles se encherão de espanto e de humilhação!

[12] O ferreiro toma uma ferramenta e trabalha com ela nas brasas; modela com arte um ídolo mediante hábeis marteladas, forja-o com o poder do seu próprio braço. Ele sente fome e perde a força; passa sede e desfalece.

[13] O artífice em madeira estende o cordel e, com o lápis, esboça uma imagem; alisa-a com plaina, marca com o compasso e faz à

ndikwangowokugqibela; akukho Thixo wumbi ngaphandle kwam.

[7]Kakade ngubani onjengam? Makavele! Makakuvakalise kaloku okwênzekáyo okoko ndamisela abantu bam mandulo. Makazixele iziganeko ezizayo; ewe, makazixele!

[8]Sanukuphakuzela, musan' ukuxhalaba; kaloku ndatsho kwamandulo, unangoku ke. Kambe nina ningamangqina am. Ngaba kukho Thixo wumbi na? Ngaba likho na elinye iXhadi? Unotshe! Mna andizange ndilibone."

Imifanekiso eqingqiweyo yimfeketho

[9]Akanto yanto umntu oqingqa umfanekiso; naloo mfanekiso azidla ngawo yimfeketho. Abo bayithelelayo ziimfama; abaliqondi ihlazo labo.

[10]Kunceda ntoni ukuqingqa umfanekiso uwenze uthixo?

[11]Wonke umntu owenza loo nto uhlazekile. Andithi na kaloku le mifanekiso iqingqwa ngabantu? Mabeze enkundleni kaloku, uya kubona bosuka barhwaqele – abakho lihlazo.

[12]Umkhandi uthatha ubhedu, alusebenze ngomlilo. Ngezo zigalo zakhe uthatha isando, alukhande elulungisa. Esasebenza njalo uyanxanwa, uyalamba, uyadinwa, yonke loo nto.

[13]Kanti ke umchweli uyawulinganisa umthi. Uzoba loo nto afuna ukuyenza ngetshokhwe; usebenzisa izixhobo zakhe

semelhança e beleza de um homem, que passa morar em uma casa.

[14] Um homem corta para si cedros, toma um cipreste ou um carvalho, fazendo escolha entre as árvores do bosque; planta um pinheiro e a chuva o faz crescer.

[15] Tais árvores servem ao homem para queimar: com parte de sua madeira se aquenta e coze o pão; e também faz um deus e se prostra diante dele, esculpe uma imagem e se ajoelha diante dela.

[16] Ele queima a metade da madeira no fogo e com isso prepara a carne para comer; faz um assado e dele se farta; depois se aquece e exclama: "Ah! Já me aqueci, já experimentei o calor e de tudo quanto essa madeira poderia me oferecer.

[17] Então com o resto faz um deus para si, uma imagem de escultura. Ajoelha-se diante dela, prostra-se e dirigi-lhe suas súplicas em oração: "Ó Salva-me, pois tu és meu deus!"

[18] Eles nada sabem nem entendem, porque os seus olhos são incapazes de ver e os seus corações não conseguem compreender.

[19] Nenhum deles tem conhecimento ou inteligência para dizer: "Metade desta madeira usei simplesmente para fazer o fogo com o qual assei pão sobre suas brasas, assei também carne e assim matei minha fome. Ora, poderia eu fazer algo abominável com o que restou da madeira?"

[20] Ele se alimenta de cinza. O seu coração iludido o desvia do bom caminho, de maneira que não pode livrar a sua alma,

ewukrola, aze ke akhuphe into efana nomntu (inzwana yomfo) ayithathe ayifake endlwini.

[14]Ehlathini phaya uthatha nawuphi na umthi; ingangumsedare, um-oki, okanye ipayini. Kanti usengatyala nawuphi na umthi, awulinde ukhuliswe yimvula.

[15]Inxalenye yomthi umntu uyayithatha abase enze umlilo, aze kwangaloo mthi enze umfanekiso awunqule. Ewe, wotha umlilo awubase ngomthi; aze kwalapho apheke isonka atye; kanti ngenxalenye yaloo mthi uza kwenza umfanekiso, awunqule esithi nguthixo.

[16]Kwangaloo mthi uyabasa, ose inyama, atye ade adikwe. Ewe, wotha umlilo ade ancome athi: "Kutsho kwamnandi; kufudumele."

[17]Kanti ke oseleyo umthi uza kweza umfanekiso ngawo, ajike akhahlele kuwo. Uzibika kuwo athi: "Nceda undihlangule, thixo wam!"

[18]Abantu abanjalo ke zizititsi ezingayaziyo into eziyenzayo. Amehlo nengqondo yabo ivaleke mba; abayazi inyaniso.

[19]Umntu oqingqa umfanekiso aze awunqule uncitheke kangangokuba angabi nabuganga bakuthi: "Ikwangulo mthi lo ndiwubasayo ndipheke ngawo, ndize ngokunjalo ndose inyama ndiyitye. Ndingathini ukwenza kwangawo intw' enezothe, ndize ndikhahlele isikhuni somthi?"

[20]Ufana nomntu otya uthuthu. Ubhanxeke mpela; ngoku uyaphuphutheka, futhi

nem consegue confessar: “Isto que está em minhas mãos não é deus coisa alguma!”

A promessa de livramento. A vinda de Ciro

21 Ó Jacó, recorda-te, pois, destes fatos; sim, ó Israel, lembra-te tu destes acontecimentos; porquanto és meu servo! Eu te formei, tu és meu servo; ó Israel, não me esquecerei de ti.
22 Apaguei as tuas transgressões como a névoa e os teus pecados, como a nuvem. Volta-te para mim, porque Eu te remi.

23 Ó céus, cantai alegres, porque Yahweh fez isso; exultai, regiões mais baixas da terra; vós montes, retumbai de júbilo; também vós, bosques, e todas as vossas árvores; porque o Eterno resgatou Jacó e demonstrará a sua Glória em Israel.

24 “Assim diz Yahweh, o teu redentor, aquele que te formou desde o ventre materno: ‘Eu, Yahweh, é que tudo fiz e sozinho estendi os céus e firmei a terra;

25 Sou Eu que frustro os sinais dos falsos profetas e torno insensatos os adivinhos; que envergonho o conhecimento dos sábios e o transformo em loucura.
26 Sou Eu que confirmo a palavra proclamada pelo meu servo e cumpro a profecia dos meus mensageiros; que digo de Jerusalém: ‘Ela será habitada!’; e sobre as cidades de Judá: ‘Elas serão construídas!’, e quanto às suas ruínas: ‘Eu mesmo as restaurarei’;
27 que digo às profundezas aquáticas: ‘Seca-te, Eu secarei os teus rios;

akukho buyambo. Kaloku akavumi ukuba le nto ayiphetheyo ngamampunge.

UNdikhoyo nguMdali noMkhululi

21Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Zikhumbule ezi zinto kaloku, Yakobi; kaloku wena usisicaka sam, Sirayeli. Ndakudalela ukuba ube sisicaka sam; ndaye ke andisoze ndikulibale.
22Ukundivukela kwakho ndikuphuthisile; isono sakho sithe shwaka okwenkungu. Buyela kum; ndim umkhululi wakho.”
23Memelelani ngemihlali, mazulu; mazidume kaloku neenzonzobila. Ngqungqani nisine, nani zintaba, ningqiyaze nani, mithi yamahlathi. Kaloku uNdikhoyo uzibonakalisile; ewe, ukukhulule, wena Yakobi; utyhile amandla akhe ngawe, Sirayeli.
24UMkhululi wakho uNdikhoyo uyathetha; yena owakubumbayo kwasesizalweni uthi: “NdinguNdikhoyo uMenzi weento zonke; ndim owawatwabulula yo amazulu, ikwandim owawolulayo umhlaba; ewe, zange ndincedwe bani.
25Mna ndizitsho zibhanxeke izanuse, ndidlale ngabo ke oosiyazi; ubuciko bezilumko ndiyabutshitshisa, butsho budule ubutyhakala bazo.

26Ndiyaluphumelelisa udaba lwezicaka zam, ndizifezekise izihlabo zabathunywa bam. IJerusalem ndithi isaza kumiwa, iidolophu zakwaJuda zibuye zakhiwe, kuvuke izixeko kuloo mabhodlo.

27Mna ndithetha ngezwi kuphela neelwandle zitsho zome khonkqo.

[28] que digo acerca de Ciro: Ele é meu pastor e realizará tudo o que me agrada; ele ordenará acerca da Cidade de Jerusalém: 'Tu serás reedificada!', e quanto ao templo: 'Eis que teus alicerces sejam lançados!'"

[28]Ke kuKoreshi ndithi: 'Nguwe oza kundalusela; nguwe oza kufezekisa icebo lam. Wena uya kuyalela uthi: "Mayakhiwe iJerusalem." Malunga nendlu kaThixo uya kuthi: "Mazimiswe iziseko zayo." ' "

Isaías 45

UIsaya 45

Ukumiselwa kukaKoreshi

[1] Assim, pois, ao seu ungido: a Ciro, cuja mão direita Eu controlo com firmeza para subjugar nações e desarmar reis; para abrir diante dele as portas, de tal maneira que estas não possam ficar trancadas:

[1]Wenjenje uNdikhoyo ukuthetha nomthanjiswa wakhe uKoreshi, amthe jize ngegunya namandla oloyiso jikelele, khon' ukuze avuthulule ookumkani, avulelwe zonke iingcango, angathintelwa ngamasango esixeko:

[2] Eu irei adiante de ti e arrombarei portas de bronze e romperei trancas de ferro.

[2]"Ndim ngokwam oya kukutshayelela; iinduli neentaba ndosuka ndizilebele, amasango enziwe ngobhedu ndiwakroboze, nemivalo yentsimbi ndiyivuthulule.

[3] Dar-te-ei tesouros ocultos e riquezas escondidas, a fim de que saibas que Eu Sou Yahweh, aquele que te chama pelo teu nome, o Deus de Israel.

[3]Ndokunika ubutyebi obunqatyisiweyo; ewe, obugcinwe kwiindawo ezifihlakeleyo. Uya kutsho uqonde ukuba ndinguNdikhoyo uThixo kaSirayeli; ngenene ndim okubize ngegama.

[4] Foi por causa do meu servo Jacó, por causa de Israel, o meu escolhido que Eu te convoquei pelo teu nome, e te concedo um título de grande honra, embora tu não reconheças quem sou.

[4]Ngenxa yesicaka sam uYakobi, nditsho uSirayeli endimnyulileyo, ndikubize ngegama, ndakuthi jize ngesihomo nesithozela, nangona wena ungandazi nje.

[5] Eis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR, e não existe nenhum outro; além da minha pessoa não há Deus! Eu te cinjo e te concedo poder, ainda que não percebas quem sou.

[5]"Ndim uNdikhoyo; akukho Thixo wumbi. Ndiya kukuxhobisa utsho uqine nangona wena ungandazi.

[6] Para que saibam todos, que do nascente ao poente, não há ninguém além de mim. Eu Sou o Eterno, e não existe nenhum outro!

[6]Le nto ndoyenza ukuze baqonde bonke, bazi emhlabeni wonke jikelele, baqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo, bazi ukuba akukho Thixo wumbi.

7 Eu formo a luz e crio as trevas; faço a paz e crio o mal; Eu, Yahweh, faço absolutamente tudo!

8 “Gotejai, ó mais elevados céus, fazei com que chova justiça; derramem-na em abundância as nuvens. Abra-se a terra e produza a Salvação, ao mesmo tempo faça a terra brotar a retidão! Eu, Yahweh, o SENHOR, a criei.

9 Ai daquele que peleja contra o seu Criador, daquele que não passa de um mísero caco entre os muitos cacos espalhados pelo chão. Porventura o barro pode reclamar ao oleiro: ‘Que é isto que estás modelando?’ Será que a obra que fazes pode protestar: ‘Tens experiência? Mostra as tuas mãos!’

10 Ai daquele que se insurge contra seu pai, alegando: ‘Que é isto que gerastes?’ Ou se volta contra a própria mãe dizendo: ‘Que é que dás à luz?’

11 Assim, pois, declara Yahweh, o SENHOR, o Santíssimo de Israel, o teu Criador: Vós me perguntais sobre os eventos futuros? Quereis saber sobre meus filhos e sobre a obra das minhas mãos?

12 Eu é que fiz a terra e nela criei o ser humano. As minhas mãos estenderam os céus e a todo o seu exército dei ordens.

13 Eu o despertei em justiça e aplainarei todos os seus caminhos. Ele reedificará a minha cidade e libertará os meus exilados; não exigirá pagamento algum, nem pedirá qualquer recompensa, diz o Eterno dos Exércitos.

7Ndikudalile ukukhanya, kanti ke nobumnyama; ivela kum impumelelo, ngokunjalo neshwangusha; ndim mna Ndikhoyo ozenzayo ezi zinto.

8Ndokuthobela ulungelelwano lune njengemvula, ke wona umhlaba uya kulwamkela kutsho kuthi qhakra inkululeko nobulungisa. Ndim mna Ndikhoyo unobangela wezi zinto.”

NguNdikhoyo kuphela iNkosi

9Mawoo kulowo uphikisana noMenzi wakhe! Imbiza nje yomdongwe ingathini ukusuka iphikisane nombumbi wayo? Ungathini umdongwe ukuthi kumbumbi: “Wenza ntoni kodwa?” Ingakhalaza na imbiza ithi: “Uliqhithala, mbumbindini”?

10Umntwana angamkhalazela na uyise nonina, athi: “Nindizalele ntoni?”

11 UNdikhoyo, uThixo oYedwa kaSirayeli, umdali wakhe, uthi: “Ningathini na ukundithethisa ngekamva, nindinkqangise ngabantwana bam, nide nindixelele ngemfanelo yam?

12Ndim owalenzayo ihlabathi; ndim owadala uluntu kulo; ngezam izandla ndawatwabulula amazulu; ndiyayilawula inyambalala yawo.

13Ngobulungisa bam ndim oxhokonxe uKoreshi; ndoyityeneneza indlela ayihambayo. Isixeko sam iJerusalem wobuya asivuse; uza kubakhulula abantu bam abathinjiweyo. Loo nto woyenza

ngaphandle kwembuyekezo; kaloku uthethile uNdikhoyo uSomandla-onke.”

14 Assim diz Yahweh: A riqueza do Egito e as mercadorias de Cuxe, da Etiópia, e aqueles sabeus, gente alta e forte que é o povo de Sebá, passarão para o teu lado, serão de tua propriedade e te seguirão. Virão acorrentados e se prostrarão diante de ti, e te implorarão: ‘Em verdade Deus está contigo, e não há outro, não existe nenhum outro Deus!’”

14KuSirayeli utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ubutyebi beJiputa neKushe bobákhó, iingxilimbela zaseSebha ngamakhoboka akho. Zona ziza kulandela zikhonxiwe; zokhahlela kuwe zivuma zisithi: ‘Nini kuphela abanoThixo; akukho wumbi.’ ”

15 Com certeza, tu és um Deus que te escondes, ó Deus de Israel, o Salvador.

15Thixo kaSirayeli, uyabahlangula abantu bakho; wena unguThixo ofihlakeleyo.

16 Todos os que modelam e anunciam ídolos haverão de ser humilhados e de se decepcionar; juntos, cairão frustrados.

16Abaqingqi bemifanekiso basehlazweni; ngenene ke bona bonyoshoza bephoxekile.

17 Mas Israel será salvo porYahweh com uma Salvação eterna; não sereis jamais envergonhados nem decepcionados, por toda a eternidade!

17Ke yena uSirayeli wahlangulwa nguNdikhoyo; olwakhe usindiso lohlala luhleli; yena akasoze ahlazeke aphoxeke nanini nanini.

18 Porquanto assim declara Yahweh, que criou os céus, o Deus que formou a terra, que a fez e a estabeleceu; ele não a criou para permanecer vazia, mas para estar habitada: Eu Sou Yahweh, o SENHOR, e não outro!

18UNdikhoyo nguye umdali wamazulu; ngenene nguye oyena-yena Thixo. Ihlabathi eli labunjwa nguye; walenza waza walizinzisa. Akalenzanga laba ngumqwebedu obharhileyo; walenzela ukuze limiwe luluntu. Yena ke uthi: “Ndim uNdikhoyo; akukho Thixo wumbi.

19 Não falei em segredo, nem em algum lugar obscuro da terra; não disse à descendência de Jacó: Buscai-me por nada, sem sentido. Ora, Eu, Yahweh, falo a verdade; Eu proclamo o que é correto.

19Ewe, mna andithethanga ekusitheleni, nenjongo yam andizange ndiyifihle. Mna andiyixhamlanga indlu kaYakobi, ndingatshongo nokuba mayindifune enkqantosini. NdinguNdikhoyo; mna ndiyayithetha inyaniso, mna ndiyakuvakalisa oko kuqinisekileyo.

20 Reuni-vos e vinde agora mesmo! Chegai-vos todos juntos, vós os que escapastes às nações! São pessoas desprovidas do

20“Qokelelanani, nonke zizwe; nditsho nina, mingqandanda esindileyo. Yizani kaloku nizokuxoxa, bantundini bazizityhakala

verdadeiro conhecimento todos aqueles que levam de um lado para outro imagens de madeira e outros materiais, que rogam e suplicam a deuses que não têm qualquer capacidade para ouvir e, tampouco, podem salvar alguém.

ezingazi nto, nina batyethe imifanekiso yomthi, nina banqula oothixo abangento yanto.

[21] Anunciai, trazei as vossas provas e razões. Que tomem conselho uns com os outros. Quem fez ouvir isto desde os tempos antigos? Quem desde aquele tempo o proclamou? Porventura, não o fiz Eu, Yahweh? Pois não há outro Deus, senão Eu; Deus justo e Salvador não existe outro além de mim.

[21]Yizani kuxoxa enkundleni; mabathetha-thethane abamangalelwa. Ngubani owayixela kwamandulo le nto? Ngubani owayivakalisa ingekenzeki? Asindim na Ndikhoyo? NdinguThixo osindisayo, olilungisa; ngaphandle kwam akukho Thixo.

[22] Olhai para minha pessoa e sede salvos vós; todos os limites da terra; porquanto Eu Sou Deus, e não há outro.

[22]“Khangelani kum nisindiswe, nina zizwe zehlabathi liphela. Kaloku ndim uThixo, akukho wumbi.

[23] Por mim mesmo tenho jurado; da minha boca saiu o que é justo e a minha Palavra não tornará atrás. Diante de mim se dobrará todo joelho, e jurará toda língua.

[23]Ngenene ndiyafunga, yaye esam isifungo sinyanisekile; ewe, sona soze siguquke: Zonk' iintlanga zokhahlela kum, zifunge ukuba zondithobela.

[24] De mim se comentará: Tão somente em Yahweh há retidão, justiça e poder; até ele virão e serão humilhados todos os que se revoltarem contra ele.

[24]Zovuma zithi: ‘KukuNdikhoyo kuphela ukuzuzwa kosindiso namandla.’ ” Ke bona abamthiyileyo bohlazeka.

[25] Mas em Yahweh, o SENHOR, serão declarados justos todos os descendentes de Israel e nele exultarão com grande júbilo!

[25]Kodwa ngenxa kaNdikhoyo yonk' inzala kaSirayeli yogwetyelwa ize imdumise.

Isaías 46

A queda dos ídolos da Babilônia

[1] Bel, Marduque, que significa “senhor” na língua dos caldeus, se inclina. Nabu, Nebo, deus do saber, lança-se por terra; os seus ídolos não passam de animais de carga e gado desde o seu nascimento. As imagens que são transportadas de um lado para o

UIsaya 46

Izithixo zeBhabheli

[1]“Namhlanje uBhele uthotyiwe; uNebho uwe bhaxa! Oothixo ebenikade nijikeleza nabo namhlanje batyabula imiqolo yezilwanyana. Ngenene baluxanduva lomthwalo.

outro são pesadas, um fardo para seus exaustos devotos.

2 Juntos se abaixam e se encurvam; não conseguem salvar o fardo; eles mesmos foram conduzidos ao cativeiro.

2Nâzo izilwanyana zisiwa zivuka. Akukho kusinda kuzo; zithinjwa kunye nomthwalo wazo.

3 Ouvi-me, vós, da casa e descendência de Jacó, vós, a quem tenho carregado desde o ventre materno e segurado desde o nascimento, ouvi-me!

3"I-i-i-nzwi ke wena, ndlu kaYakobi! Ndiphulaphuleni nina masalela endlu kaSirayeli, nina endanixhasa kwasekukhawulweni kwenu, ndaza ndanisingatha kwasekuzalweni kwenu.

4 Eu serei o mesmo até quando os vossos cabelos brancos chegarem e ainda na idade avançada Eu vos sustentarei; Eu vos criei e vos conduzirei; sim, Eu vos levarei e vos livrarei.

4Noda niguge nibe ziingwevu mna ndisengulowo unixhasayo. Nenziwa ndim, ngoko ke ndonisingatha; ewe, ndonigcina ndinihlangule.

5 Com quem me comparareis? A quem me igualareis e considerareis semelhante a mim para que possamos ser comparados?

5"Kodwa-kodwa ndolinganiswa nabani? Ngubani na onjengam endinokufaniswa naye?

6 Há os que tiram ouro da sua bolsa e pesam prata na balança, contratam um ourives para lhes fazer um deus, prostram-se diante desse ídolo e lhe prestam culto e adoração.

6Abantu bakhupha igolide engxoweni, isiliva bayilinganisa esikalini, basuke baqeshe ingcibi, ibenzele uthixo; kamva ke basuka bee guqaqa bamnqule.

7 Em seguida, põem-no sobre os ombros e carregam-no, colocam-no em um espaço reservado para que ali permaneça imóvel, sem se mexer da sua posição. Por mais que alguém o chame, ele não dá qualquer resposta, não tem reação, os deuses são incapazes de salvar quem quer que seja das suas aflições!

7Bambeka emagxeni, bamtyathe; bambeke endaweni yakhe, eme bhuxe. Kaloku yena lutiniko olungashukumiyo. Udl' imu noba umntu uyazibika kuye; akakwazi kuhlangula mntu ezingxakini.

8 Lembrai-vos disso e considerai; trazei-o à memória, ó transgressores.

8"Khumbulani le nto nizikise; khaniyiguqu-guqule, nina bavukeli.

9 Recordai-vos dos acontecimentos passados há muito tempo, porque Eu Sou Deus e não há outro! Sim, somente Eu Sou Deus e nada nem ninguém a mim se compara!

9Khanikhumbule iziganeko zamandulo, nivume ukuba mna ndinguThixo; ewe, akukho thixo ufana nam.

[10] Desde o princípio anunciei o futuro, desde a antiguidade, aquilo que ainda não acontecera. Eu afirmo: O meu propósito será realizado, certamente farei tudo o que me apraz.

[11] Chamo do Oriente uma ave de rapina, de uma terra distante o homem da minha escolha. Eu o disse, Eu o executarei, Eu o delineei, Eu assim cumprirei a minha vontade!

[12] Vós, de coração incrédulo e rebelde, que estais distantes da justiça, ouvi-me!

[13] Eis que faço chegar a minha Justiça e ela não está longe; a minha Salvação não tardará; mas estabelecerei a Salvação em Tsión, Sião, e a minha Glória em Israel.

[10]Isiphelo ndasixela kwasekuqaleni; kwamandulo ndazivakalisa izinto ezizayo. Ndatsho ukuba icebo lam soze liwe, koko ndokufezekisa oko ndikumisileyo.

[11]Mna ndibize umfo empumalanga; sisitshu esiya kurhiwula njengokhetshe. Yena woyifezekisa yonke injongo yam; njengoko ndithethile kuya kuba njalo kanye.

[12]Phulaphulani, bantundini baneenkani, nina banxaxhileyo elusindisweni.

[13]Umhla wosindiso wona ndiyawusondeza; ngenene awukude kuya phi. Ukusindisa kwam akuyi kulibazisa; ewe, ndiza kuyihlangula iZiyon, uSirayeli ndimzisele isidima nesithozela.”

Isaías 47

A queda de Babilônia

[1] “Desce e assenta-te no pó, ó Filha, a Virgem Cidade de Babilônia; senta-te no chão sem um trono, Filha dos caldeus, dos babilônicos; porquanto nunca mais te chamarão elegante e delicada!

[2] Toma grandes pedras de moinho e faze a tua própria farinha; tira o teu véu, ergue a cauda de tuas longas vestes e descobre as tuas pernas, atravessa os riachos.

[3] Apareça a tua nudez, seja vista a tua vergonha; eu me vingarei; não pouparei pessoa alguma!”

[4] O nosso Redentor, Yahweh dos Exércitos é o seu Nome, é o Santíssimo de Israel, declara:

[5] “Senta-te em silêncio, refugia-te nas trevas, cidade dos babilônios, porque nunca

UIsaya 47

Ukuwa kweBhabheli

[1] UNdikhoyo uthi: “Yihla esihlalweni, ntombindini Bhabheli; ewe, yiza nawe ukhe ugqush' eluthulini. Wena wakhe wayinzwakazi yentombi; oko kuguda nokuthamba ngoku kumkile.

[2]Thath' ilitye, usil' ingqolowa; ewe kaloku, sikhulule isigqubuthelo; finyeza kaloku, uwel' imilambo.

[3]Kaloku ngoku buza kudlula ubuze bakho; awukho kukuphoxeka nalihlazo. Kaloku mna ndiza kuziphindezela; ibe ke andizi kuba nalusini konke.”

[4]UMkhululi wethu nguYedwa kaSirayeli; igama lakhe nguNdikhoyo uSomandla-onke.

[5]UNdikhoyo uthi: “Yithi cwaka, ntombindini Bhabheli, uhlale

mais tornarão a chamar-te rainha dos reinos.

[6] Eu estava irado contra o meu povo, reduzi a minha herança à humilhação, entreguei-a nas tuas mãos, mas tu não usaste de misericórdia para com ela: até sobre os idosos impuseste o severo peso do teu jugo.

[7] Certamente dizias: 'Eis que por todo o sempre hei de continuar a ser a grande senhora!' Todavia, não ponderaste tais palavras no teu coração, não refletiste sobre as consequências futuras desta tua atitude.

[8] Portanto, ouvi isto, agora, ó criatura provocadora e libidinosa! Tu que te sentas despreocupada e preguiçosa e cogitas em tua sensação de segurança: "Ah! Eu sou a maior das rainhas e além de mim não há mais ninguém! Jamais me verei viúva, nem sofrerei com a morte dos meus filhos!'

[9] Pois bem, justamente sofrerás estas duas perdas em um só momento, durante um único dia: a perda dos filhos e a viuvez se abaterão sobre ti com todo o seu peso de dor, a despeito de tuas muitas feitiçarias e todos os teus poderosos prognósticos, sortilégios e encantamentos.

[10] Depositaste a tua confiança na tua malignidade e afirmaste: 'Não há quem descubra o que faço às escondidas!' O teu próprio saber e a tua ciência te seduziram e enganaram, e assim imaginaste no teu coração: 'Eu sou a maior. Não há ninguém além de mim!'

[11] A desgraça, pois, te buscará e te alcançará, e não saberás como esconjurá-la. Eis que cairá sobre ti um mal do qual não poderás livrar-se mediante qualquer

ebumnyameni. Kaloku wena ngoku akusayi kuthiwa uyikumkanikazi yezizwe.

[6]Besendinomsindo ngakubantu bam; ndide ndalishwabulela ilifa labo; suka ndabayekela esandleni sakho. Ke wena awubanga nanceba konke, neengwevu usuke wagadalala nakuzo.

[7]Ubusithi wena woba sisimakade, uhlale uhleli uyikumkanikazi. Khange uzikhathaze nganto; khange uzidube nangokujonga isiphelo.

[8]"Phulaphula ke, wena mthandi weziyolo; nditsho wena uzicingela ukuba ukhuselekile, nditsho wena uzilinganisa noThixo, wena othi nguwe okhoyo, akukho wumbi. Ubusithi wena soze ube mhlolokazi; soze ulahlekelwe bantwana.

[9]Kodwa ngephanyazo nje – ngamini-nye – ilahleko yabantwana kunye nobuhlolokazi iza kukufikela nawe zikho ezo ngwebedla zakho, ekho loo makhubalo akho namaqwili; ewe, zofika ziphelelise.

[10]Ubusithi uza kukhuselwa yinkohlakalo; usithi akukho bani ukubonayo. Ubulumko bakho nolwazi bukulahlekisile; usitsho nje ukuthi nguwe okhoyo, akukho wumbi.

[11]Ngoku wena uzelwa sisithwakumbe, ibe nemilingo yakho ayinakuma ngaphambili. Uza kuqutyulwa sisibetho

pagamento de resgate; uma catástrofe que não te será possível antever desabará sobre a tua cabeça.

ongenakusingxengxezela, ufikelwe sisihelegu ongazange wasicinga.

[12] Persiste, pois, com tuas palavras mágicas de encantamento e na multidão dos teus sortilégios e feitiçarias, com as quais te fatigaste desde a tua infância. Será que conseguirás tirar de todos eles um mínimo proveito que seja? Talvez provocar ou inspirar algum pavor em alguém?

[12]“Bambelela kuloo makhubalo nezo ziphondo, njengoko kaloku walunyulelwa kuzo! Hleze kuthi kanti zisenokunceda; mhlawumbi ngazo ungazigrogrisa iintshaba.

[13] Ora, todos os conselhos que recebeste só serviram para te deixar exausta! Solicita a presença de teus astrólogos, aqueles contempladores de estrelas que costumam alardear seus presságios de mês a mês, que eles te salvem da sina que já se encaminha sobre ti;

[13]Namacebiso lawo akuqobile; mabeze kaloku oosiyazi bakuhlangule, nditsho abo bacalula iinkwenkwezi, abo bazoba amazulu ngezigaba zawo, abo baphicotha ubume benyanga nganye, baze bambulule baxele izinto ezizayo.

[14] Eles são como restolho e o fogo os consumirá a todos; eles não têm capacidade sequer para livrar-se a si mesmos do poder das chamas, pois tais chamas não são meros braseiros para se aquecerem, nem fogo brando para se sentarem tranquilamente em volta.

[14]Bona baza kufana nemvuthuluka yengca, kuze kuthi gqi umlilo ubatshise. Sobe babe nako nokuzihlangula; amadangatye onqanqaza batsho bathi shuu! Kaloku lowo asinguwo umlilo wokothiwa.

[15] Assim, isso é tudo o que tais místicos podem fazer por ti; estes com quem te afadigaste e com quem mantiveste negócios escusos desde a tua meninice. Cada um deles segue em seu caminho de erros e maldades; não haverá quem te salve.

[15]Usizo lwazo luphelel' apho ezo zazi zakho walunyulelwa kuzo. Zonke zophephetheka ngeendlela zazo, kube kungekho bani ungakuhlangulayo!”

Isaías 48

Arrazoamento, admoestações e promessas de Deus para com Israel

[1] “Ouvi isto, ó comunidade e descendência de Jacó, vós que sois chamados pelo nome de Israel, saídos da linhagem de Judá, que jurais pelo Nome de Yahweh, o SENHOR, e

UIsaya 48

Ikamva lilawulwa nguThixo

[1] UNdikhoyo uthi: “Khanibek' iindlebe, ndlu kaYakobi; nditsho nina babizwa ngoSirayeli, nina bomnombo kaJuda, nina bafunga igama likaNdikhoyo, nina bathi

invocais o Deus de Israel, mas não em verdade nem em justiça.

banqula uThixo kaSirayeli, kodwa ngenene nisitsho nje ngomlomo!

2 Com efeito, tomam o nome até da Santa Cidade e se firmam sobre o Deus de Israel; Yahweh dos Exércitos é o seu Nome.

2Kanti kwanina niyazidla, niqhayisa ngokuthi nina ningabemi besixeko sikaNdikhoyo; nithi nina nixhomekeke kuThixo kaSirayeli, ogama linguNdikhoyo uSomandla-onke.

3 Desde a antiguidade anunciei os eventos que viriam a ocorrer; da minha boca é que tais notícias saíram e Eu fiz com que todos ficassem sabendo; então, de repente, agi, e eles se realizaram.

3“Kudala-dala ndatsho kwangonoquku; ewe, ndazixela izinto eziza kuhla, kamva ke ndatsho suka zenzeka njengoko.

4 Pois Eu sempre soube o quanto és obstinado, que os tendões do teu pescoço são de ferro e a tua testa de bronze.

4Kambe ke wena bendisazi ukuba uneenkani nqwa nesele, ntondini eqinis' intamo, lityendini lenyengane!

5 Por esse motivo, faz muito tempo que Eu anunciei e revelei a ti todos os fatos antes do seu cumprimento, para que não imaginasses: ‘Ora, foram meus ídolos que fizeram isso e aquilo; minha imagem de madeira e meu deus fundido determinaram tais eventos.’

5Kungoko ndazibhengeza kwakudala ezi zinto, izehlo ndazixela ngaphambi kokuba zenzeke, khon' ukuze wena ungabi nako ukuthi leyo yimisebenzi yezithixo ozinqulayo.

6 Já ouviste e viste tudo isto, e vós, não haveis de admiti-lo? Contudo, desde agora te faço ouvir novas e grandes revelações, um saber até então em segredo passo a teu conhecimento.

6Konke endakuxelayo kwenzekile. Vuma kaloku! Kanti ke ngoku ndiza kuxela into entsha, imfihlakalo eningazange nayazi.

7 Tais revelações foram criadas agora e não em tempos passados. Até hoje nada ouviste sobre elas, para que não cogites: ‘Eu já tinha notícias delas!’

7Ewe, ndiyidala ngoku; into enje zange yenzeke ngaphambili. Okanye ke ngowusithi ubuyazi kakade.

8 Mas tu não só não tinhas ouvido; antes, também nada imaginavas ou sabias; além de tudo, desde a antiguidade que o teu ouvido tem se fechado. Sei muito bem o quão és desleal e traiçoeiro; e que desde o berço te chamam: “rebelde”.

8Zange uve uqonde nakuqonda, kuba ubungenako kakade. Bendikwazi ukuba wena awuthembekanga; ndiyakwazi ukuba ungumvukeli owaziwayo.

[9] Contudo, refreio minha ira por amor do meu próprio Nome e uso de ainda mais paciência para contigo por causa do meu louvor, a fim de que Eu não te extermine.

[10] Eis que Eu mesmo te refinei, todavia, não como a prata; Eu te provei na fornalha da aflição.

[11] Por amor de mim mesmo, por causa da minha própria pessoa, Eu faço o que faço! Como posso permitir que o meu Nome seja difamado? Ora, não dividirei minha glória com nenhum outro deus!"

[12] "Dá-me ouvidos, ó Jacó, e tu, ó Israel, a quem chamei; Eu Sou o mesmo, sou o primeiro e também o último.

[13] Também a minha mão fundou a terra e a minha destra estendeu os céus; quando Eu os convoco, imediatamente todos se apresentam unidos, e se colocam em prontidão!

[14] Ajuntai-vos, todos vós, e ouvi! Quem, dentre eles os ídolos e deuses, tem predito tais acontecimentos? O amado de Yahweh cumprirá seu plano contra a Babilônia; seu braço será contra os babilônicos.

[15] Eu, eu mesmo o tenho revelado; de fato, eu o chamei. Eu o trarei, e sua missão será bem sucedida.

[16] Chegai-vos a mim e ouvi isto; não usei de enigmas e segredos desde que mandei o primeiro anúncio; desde a profecia e na hora em que tudo acontecer, estarei ali!". E agora, pois, o Eterno Deus me enviou a mim com o seu Espírito.

[9]Ngenxa yegama lam ndibuya nganeno ngomsindo; ngenxa yodumo lwam ndiyazithibaza ukuze ndingakutshabalalisi.

[10]Andinivavanyanga eziko okwesiliva, kodwa ndinivavanye ngehambo-nzima.

[11]Kungenxa yam ukuba ndenjenje; soze ndiliyekele ngehlazo igama lam, kungekho bani wosizuza neso sihomo. Andinikisi ngaso; sesam ndodwa."

UKoreshi umiswe nguNdikhoyo

[12] UNdikhoyo uthi: "Bek' iindlebe uphulaphule, Yakobi, nditsho wena, Sirayeli endakubizayo. Mna ndinguNdikhoyo: ndingowokuqala, ndikwangowokugqibela.

[13]Ndim owamisa iziseko zehlabathi; ndim lo owawatwabululayo amazulu. Ndithetha ngelizwi, zisuke zibekho.

[14]Qokelelanani niphulaphule xa ninonke. Kakade sisiphi isithixo esinokuvakalisa into enjengale? Ndinyule oza kuhlasela iBhabheli. Yena uza kwenza oko kufunwa ndim.

[15]Kaloku ndim ngokwam endathethayo, ndim endambizayo, ndamthi jize ngempumelelo.

[16]Khawusondele ke uphulaphule. Kwasekuqaleni ndathetha ngokuphandle, futhi nokufezeka kwazo kokwam." Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo undithumile, wandixhobisa ngoMoya wakhe.

Injongo kaNdikhoyo ngabantu bakhe

[17] Assim declara Yahweh, o SENHOR, o teu Redentor, o Santíssimo de Israel: Eu Sou Yahweh, o teu Deus, que te ensina o que é útil e te guia pelo caminho em que deves andar!

[18] Ah! Se tivesses dado atenção aos meus mandamentos e princípios! Então seria a tua paz como um rio calmo, e a tua justiça como as brancas e fortes ondas do mar.

[19] De igual forma a tua posteridade seria como a areia, e os teus descendentes, como os grãos da areia: o seu nome jamais correria o risco de ser eliminado da minha presença, tampouco veríeis a destruição.

[20] Saí da Babilônia, fugi de entre os caldeus e anunciai isto com voz de grande alegria; proclamai-o e levai-o até o fim da terra; declarai: 'Eis que Yahweh resgatou o seu servo Jacó!'

[21] Não padeceram sede, quando ele os conduzia pelos desertos; fez-lhes jorrar água da Rocha; fendeu a pedra e as águas fluíram generosamente.

[22] "Para os ímpios e perversos não há paz alguma!" Assim diz o SENHOR.

Isaías 49

O Servo do Senhor é a luz dos gentios

[1] Ouvi-me, todas as ilhas, e vós, povos e nações longínquas, prestai atenção! Antes de eu nascer Yahweh me escolheu e convocou; desde o ventre de minha mãe ele pronunciou o meu nome.

[2] De minha boca fez uma espada cortante, abrigou-me na sombra da sua mão; fez de mim uma seta afiada, escondeu-me na sua aljava.

[17]Utsho ke uNdikhoyo, uMkhululi wakho, uYedwa kaSirayeli: "Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho. Ndikufundisa nje kaloku ndiyakunceda; ndikufaka endleleni ekufaneleyo.

[18]Akwaba wawuyiphulaphule imiyalelo yam. Ngelumpompoza njengamanzi uloyiso lwakho, budlobe okwamaza ubulungisa bakho.

[19]Ngeba ke namhlanje inzala yakho yinyambalala engenakubalwa, lingaze linqanyulwe igama lakho, kananjalo lingaze litshabalale."

[20]Phuman' eBhabheli; washiyeni amaKaledi! Bhengezani ngemihlali; ewe, memezani nazis' abantu bonke, nithi: "UNdikhoyo usihlangule isicaka sakhe uYakobi."

[21]Ngokuya wayebakhokela kwinkqantosi ebharhileyo abantu bakhe zange bafe lunxano; wabakhuphela amanzi eliweni, suka waliqhekeza, aza ampompoz' amanzi!

[22]Ewe, uNdikhoyo uthi: "Akukho ukonwaba kwabakhohlakeleyo!"

UIsaya 49

Ukhanyiso lwezizwe

[1]I-i-i-nzwi! Bekan' iindlebe, zizw' ezikude! Yivani ke, nina nto zihlal' ekudeni! UNdikhoyo wandibiza ndingekaliboni ilanga; ewe, wandikhankanya ndingekazalwa.

[2]Wawenza amazwi am ahlaba njengekrele; ewe, yena wandifumbatha ngesandla, wandicikiza ngathi uhombisa utolo, wandithi xhwa sendilind' umayenzeke.

[3] Disse-me: "Tu és meu servo, Israel, em quem me gloriarei."

[4] Todavia considerei: Tenho me afadigado sem qualquer compensação; tenho despendido minhas forças em vão e para resultado algum. Contudo, o que me é devido está seguro nas mãos de Yahweh e a minha recompensa guardada com o meu Deus.

[5] Mas agora diz Yahweh, que me formou desde o ventre para ser seu servo, para que torne a trazer Jacó e para reunir Israel a ele, porque Eu Sou glorificado perante o SENHOR, e o meu Deus é a minha força.

[6] Sim, ele declarou: "De fato, pouco é para ti ser meu servo a fim de restaurar as tribos de Jacó e trazer de volta os filhos de Israel que Eu guardei. Também farei de ti uma luz para os gentios, de modo que leves a minha salvação para todas as nações até os confins da terra!"

[7] Assim diz Yahweh, o Redentor, o Santíssimo de Israel, àquele que foi desprezado e odiado pela nação, ao escravo de governantes: "Eis que reis o contemplarão na sua ascensão majestosa, líderes e poderosos o verão e se ajoelharão aos seus pés em sinal de respeito. Porquanto Eu, o SENHOR, cumpro todas as minhas promessas; Eu, o Santo Deus de Israel, que te escolhi!"

[3]Ke yena wathetha nam, wathi: "Wena usisicaka sam, Sirayeli; ngawe ndibhengeza ubungangamsha bam."

[4]Ke mna ndithe: "Ndibulalekele ilize; umzabalazo wam ungamampunge. Kambe ke ibango lam likuNdikhoyo; nguThixo wam oya kundibuyekeza."

[5]UNdikhoyo owandibumba esizalweni, wandenza isicaka sakhe, ukuze ndibuyisele uYakobi kuye, ndiphuthume uSirayeli owabhacayo. Kaloku isidima ndisizuza kuNdikhoyo; amandla am ampompoza kuThixo wam.

[6]UNdikhoyo uthethe wenjenje: "Njengesicaka sam akwanele okokuba ubuyisele ubuhandiba kwaYakobi, uphuthume amasalela kaSirayeli endiwalondolozileyo, koko ndikumisela ukuba ube lukhanyiso lweentlanga, ube lusindiso lwam olubandakanya ihlabathi jikelele. "

[7]UYedwa, uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, lowo unguMkhululi wakhe, uthi kulowo udelwe mpela-mpela, nditsho lowo ucatshukelwayo zizizwe, lowo usisicaka seziphathamandla: "Izikumkani ziya kukubona; ewe, ziya kuphakama zikhahlele, namatshawe aya kuvova ee guqaqa!" Yonke loo nto ke iza kwenzeka kuba uNdikhoyo ekunyule wena ukuze ube sisicaka sakhe, nditsho uThixo onguYedwa kaSirayeli othembekileyo.

Abasayi kunxanwa balambe

8 Assim diz Yahweh: “No tempo favorável, Eu te responderei e no Dia da salvação Eu mesmo te ajudarei; Eu ote guardarei e farei que sejas uma aliança para o povo, a fim de restaurar a terra e distribuir suas propriedades abandonadas,

9 para dizeres aos cativos: ‘Saí!’, e àqueles que se encontram em trevas: ‘Vem à luz!’. Eles se apascentarão junto às estradas e encontrarão campos verdejantes em toda a colina estéril.

10 Não passarão fome nem sede, tampouco o calor do deserto e o sol os molestarão. Aquele que tem compaixão deles os guiará e os conduzirá para as fontes de água.

11 Transformarei todos os meus montes em caminhos e as minhas veredas serão implementadas.

12 Eis que estes virão de longe, e eis, que aqueles, do Norte e do Ocidente, e aqueles outros ainda, da terra de Sinim.”

13 Cantai, ó céus, alegra-te, ó terra, e vós, montes, rompei em cânticos, porque Yahweh consolou o seu povo e dos aflitos teve misericórdia.

14 Mas Sião lamenta: ‘Ora, Yahweh me abandonou, o Eterno me desamparou!’

15 Haverá mãe que possa esquecer seu bebê que ainda mama e não ter compaixão do filho que gerou? Contudo, ainda que ela se esquecesse, Eu jamais me esquecerei de ti!

8 UNdikhoyo uthi: “Ayeza amathuba akholekileyo, imihla yokusindiswa. Ke mna ndiya kukusiza, ndisabele ndakuva uzibika. Ndiya kukwalúsa ndikukhusele, ngawe ndenze umnqophiso nabantu. Ngawe ndolibuyisela kubantu bam ilizwe, ndilabe eliyinkangala libe lilifa,

9amabanjwa uwathethele uthi: ‘Yinkululeko; khululekani;’ uthi kwabo basebumnyameni: ‘Phumani, nize ekukhanyeni.’ “Bona baya kutya ngasezindleleni njengeegusha ezitya ezindulini.

10Abayi kubuya balambe banxanwe; ilanga lentlango aliyi kubenzakalisa. Baya kwaluswa ngulowo unovelwano, abakhokelele kwimithombo empompozayo.

11Ndogqobhoz' iintaba, ndivul' uhola, abantu bam ndibahlahlel' indlela.

12Bona bothi gqi kwelikude – nditsho kwelasentla nasentshonalanga – bophum' eSinim kwelasezantsi.”

13Memelelani ngovuyo, nina mazulu; yeyezela uhlahlambe, wena mhlaba; hlokomani nivume, nina zintaba! Kaloku uNdikhoyo uyabathuthuzela abantu bakhe; uhlabekile ziinkxwaleko zeentsizana zakhe.

14Ke yena uZiyon uthi: “Hayi bo! UNdikhoyo undifulathele; iNkosi isuke yandilibala.”

15Waphendula ke esithi: “Ngaba umfazi angalulibala na usana lwakhe, ade angavakalelwa ngowakhe umntwana? Noba ke yena angade amlibale, okokwam ke mna soze ndikufulathele,

16 Eu te gravei nas palmas das minhas mãos; os teus muros estão sempre diante de mim.

17 Os teus filhos retornarão muito rápido; mas os teus destruidores e os teus assoladores fugirão da tua presença.

18 Levanta os olhos e contempla ao teu redor; todos estes que se ajuntam vêm a ti. Tão certo quanto Eu vivo, diz o SENHOR, te vestirás de todos eles, como se fossem teus ornamentos e como uma noiva te adornarás deles.

19 Quanto aos teus desertos e lugares desolados; e à tua terra destruída, serás agora pequena demais para moradores, e os que te devoravam se distanciarão de ti.

20 Os filhos que te nasceram durante o teu tempo de luto ainda reclamarão aos teus ouvidos: 'Este lugar é pequeno demais para todos nós; concedei-nos espaço para nele fazermos a nossa vida!'

21 Então responderás em teu coração: 'Quem gerou estes filhos para mim, visto que eu estava enlutada e estéril? Estava exilada e rejeitada. Quem os criou? Fui abandonada totalmente só, entretanto estes, de onde vieram?'

22 Assim diz o Eterno Deus: Eu acenarei para os gentios e erguerei a minha bandeira a todos os povos; então eles trarão os teus filhos nos braços, e as tuas filhas serão carregadas sobre os ombros.

23 Os teus guias serão reis e tuas amas serão rainhas; eles se inclinarão diante de ti com o rosto em terra e lamberão o pó dos teus pés; saberás que Eu Sou Yahweh e que os

16kuba igama lakho ndilivambile, ndilithe tyaba esandleni sam; iindonga zakho zihlala zisemehlweni am.

17Bayeza oonyana bakho; baza kuphinda bakuvuse; abakutshabalalisayo bayemka.

18Khawulaqaze uqwalasele: nâbo oonyana bakho bexhontelana; nâbo bebuya begxalathelana. Ndiyafunga mna Thixo ophilayo, nawe wozingca ngoonyana bakho, uxel' umtshakazi ngobuyoko-yoko bakhe.

19"Ngenene ilizwe lakho labhukuqwa lada labharha, kodwa ngoku loba lincinane kunabo, lingabalingani abo babuyela kulo; abo balibhukuqayo boba sebekude.

20Abantwana obazalele ekuxhwalekeni ngeny' imini baya kuthi kuwe: 'Lo mhlaba mncinane gqitha; sivulel' indawo, ukuze sime nathi!'

21Uya kwandula ke uthi: 'Ndibathathe phi abantwana abangaka? Ndandingaphathi, ndiludlolo; kaloku ndathinjwa ndagxothwa. Kambe ke bakhuliswe ngubani aba? Mna ndasala ndiyimpula kalujaca, ngaba luphuma phi na usapho olungaka?' "

22UMhlekazi uNdikhoyo uthi: "Ndiya kuzikhweba iintlanga, ndiziphakamisele imbasa yam izizwe, zitsho zize nalo usapho lwakho, zibabeleke oonyana bakho, zizifunqule iintombi zakho.

23Ookumkani boba ngabondli bakho, ookumkanikazi babe ziineni zakho; bothi vovololo, benik' imbeko kuwe, borhuqa phantsi ngentlonipho, utsh' uqond' ukuba

que depositam em mim a sua esperança jamais serão frustrados.

24 Porventura pode alguém arrancar o despojo dos guerreiros, ou será que os prisioneiros podem ser resgatados do poder dos dominadores?

25 Assim, no entanto, declara Yahweh:

26 “Sim! Eis que prisioneiros serão arrebatados de guerreiros e despojos serão retomados dos tiranos; brigarei com os que pelejam contra ti, e quanto aos seus filhos: Eu os salvarei! Farei seus opressores devorarem a própria carne; ficarão embriagados com seu próprio sangue, como havendo tomado muito vinho. Então todo mundo entenderá que Eu, o SENHOR, sou o teu Salvador, teu Redentor, o Poderoso de Jacó!”

Isaías 50

O Servo do Senhor ultrajado e socorrido

1 Assim diz Yahweh: “Onde está a certidão de divórcio de vossa mãe, mediante a qual Eu a teria mandado embora? A qual de meus credores Eu vos vendi como escravos? Ora, foi por vossas maldades que fostes vendidos, e por vossas transgressões vossa mãe foi rejeitada.

2 Por que vim e não havia ninguém? Por que chamei e ninguém respondeu? Porventura foi meu braço muito curto para chegar até vós e os resgatar? Será que me falta força ou capacidade para redimi-los? Ora, com uma

ndinguNdikhoyo, soze badane abo bathembela ngam.”

24Ungalohlutha na ixhoba lejoni? Ungamkhulula na umthinjwa kulowo umthimbileyo?

25Kambe yena uNdikhoyo uthi: “Yiloo nto kanye eza kwenzeka: amaxhoba othathwa kumajoni, abathinjwa bakhululwe kubathimbi. Baxabene nam abo balwa nawe; usapho lwakho lona ndiluhlangule.

26Abakucinezelayo ndobatsho bavukelane; boqumba babe ngoomnqay' ulambile, noluntu lonke lutsho lundiqonde ukuba ndinguNdikhoyo okusindisayo, mna Mkhululi wakho, iNgangamsha kaYakobi.”

UIsaya 50

Ukuthinjwa kungenxa yezono

1 UNdikhoyo uthethe wathi: “Ùthi abantu bam ndabagxotha okomfo esahlukana nomfazi wakhe? Ziphi ke iincwadi zolo qhawukano? Ngaba ndanithengisa kubani njengomfo othengisa ngekhoboka lakhe? Hayi kaloku, nathengiswa ngenxa yezono zenu; nagxothwa wena nonyoko ngenxa yamatyala enu.

2Ndakufika akubangakho bani undamkelayo; ndaba ngamemeza akwasabela mntu. Ngaba imfutshane na ingalo yam? Ngaba andinako na ukukukhulula? Mhlawumbi makube

simples repreensão Eu seco o mar, transformo rios em deserto; seus peixes apodrecem por falta de água e morrem de sede.

3 Revisto os céus de trevas e transformo vestes de luto e lamento em suas cobertas!"

4 É, pois, o Eterno, Yahweh, que concedeu-me a língua dos instruídos para que eu saiba o que dizer ao que está cansado; ele me acorda todas as manhãs; desperta-me o ouvido para que eu possa escutar como discípulo.

5 O SENHOR, Yahweh, abriu-me os ouvidos e eu não fui rebelde, nem me afastei.

6 Ofereci as minhas costas aos que me feriam, e a minha face, aos que me arrancavam a barba; não escondi o rosto dos que me afrontavam e me cuspiam.

7 Porque Yahweh, o Eterno, me ajuda, não serei jamais constrangido. Por isso eu me opus firme como sólido rochedo e sei que não haverei de permanecer frustrado.

8 Aquele que me defende está muito próximo; quem se atreverá a contender comigo? Apresentemo-nos juntos; quem é meu adversário? Eis que se apresente!

9 É o Eterno Yahweh que me socorrerá, quem será aquele que me condenará? Certamente todos eles se desgastarão como uma veste: a traça os devorará.

10 Quem dentre vós teme a Yahweh e ouve a voz do seu servo? Aquele que tem caminhado nas trevas, sem nenhuma luz,

andinamandla na ukuze ndikusindise? Ndithi ndingakhalima lome qoko ulwandle, imilambo itsho ibharhe, iintlanzi zife kukunqaba kwamanzi; yeka ke elo phunga!

3Isibhakabhaka ndisivathisa ngobumnyama, amazulu anxibe ezokuzila."

Intobeko yesicaka sikaNdikhoyo

4UMhlekazi uNdikhoyo undazisile into emandiyithethe, ukuze ndikhuthaze abo batyhafileyo. Ntsasa zonke undivusa ndiphulaphule njengalowo ufundiswayo.

5UMhlekazi uNdikhoyo undivule ingqiqo; nam ke zange ndivukelane naye, ngenene zange ndirhoxe kuye.

6Ndazinikezela kwabo bandibethayo, kwabo banditsala-tsalayo, bencothula intshebe yam, bephatha kunditshicela ebusweni bendinyelisa.

7Kaloku uMhlekazi uNdikhoyo uyandisiza; ngoko ke andiyi kuhlazeka. Ndikulungele ukunyamezela; ewe, andisayi kudana.

8UThixo ondithethelelayo ukufuphi nam; yena wosuka andigwebele. Ngubani ke ongade andimangalele? Makeze kaloku, siye enkundleni; makachaze izityholo andibeka zona.

9Mna ndithethelelwa nguMhlekazi uNdikhoyo. Ngubani ke onako ukundigweba? Abandimangalelayo boguga njengengubo; nabo baya kumemethwa ngamanundu.

10Ngoobani na abamnqula ngentlonelo uNdikhoyo, abasiphulaphulayo isicaka sakhe? Ofikelwa bubumnyama, ekude

ponha a sua confiança no Nome de Yahweh, tome como arrimo e total apoio, o seu Deus.
[11] Mas todos vós que acendeis um fogo, que vos munis de setas incendiárias, ide e andai na luz do próprio fogo e das tochas que acendestes. Contudo, por minha mão isto vos há de sobrevir: deitar-vos-eis no meio dos tormentos.

nokukhanya, makathembele ngoNdikhoyo; ewe, makakholose ngoThixo wakhe.

[11]Nina baphembi bamayelenqe, isikhuni sobuya nomkhwezeli. NguNdikhoyo oya kuyenza loo nto, ke wena ufe ungcungcuthekile.

Isaías 51

A restauração e salvação de Israel

[1] Ouvi-me vós, os que procurais a justiça, os que buscais a Yahweh! Olhai para a Rocha da qual fostes talhados e para a pedreira de onde fostes cavados.

[2] Olhai para Abraão, vosso pai, e para Sara, aquela que vos deu à luz. Ele estava só quando o chamei, mas Eu o abençoei e o multipliquei.

[3] Eis que Yahweh confortouTsión, Sião, consolou todas as suas tragédias; ele transformará o seu deserto em um Éden, e a sua solidão, como o jardim do SENHOR; regozijo e alegria se encontrarão nela, ações de graças, som de boa música e lindas canções.

[4] Atendei-me povo meu, e escutai-me, nação minha; porquanto de mim procederá a Torá, a Lei. Minha justiça se tornará uma luz para todas as nações!

[5] Eis que a minha retidão logo chegará, minha salvação já está a caminho, e meu braço logo implantará o que é justo entre as nações. As ilhas confiantemente esperarão em mim, aguardarão com paciência pela ação do meu braço forte.

UIsaya 51

Intuthuzelo eJerusalem

[1] UNdikhoyo uthi: “Phulaphulani, nina banxanel' ubulungisa, nina babongozana noNdikhoyo. Khangelani kwiliwa enathwetyulwa kulo, kuloo mqhokro navunjululwa kuwo.

[2]Khanicinge ngoAbraham inyange, nangoSara yena ungumawokhulu. Ndambiza eyedwa kuphela, ndaza ndamsikelela waba sisizwe.

[3]Inene uNdikhoyo woyithuthuzela iZiyon, akhathazeke ngenxa yamabhodlo ayo. Elibharhileyo wolijika libe ngumyezo, nentlango ibe njengomyezo waseIdeni, khona kulawule uvuyo nemincili, ibe yintsholo yengoma yokudumisa.

[4]“Ndiphulaphuleni ke, bantu bam, nibek' iindlebe, sizwe sam. Mna ndowisa umthetho; ulawulo lwam lukhanyisele izizwe.

[5]Ngokukhawuleza ndiza kuhlengahlengisa; usindiso lwam lusendleleni; izizwe zolawulwa ndim ngenkqu. Kaloku nezikude zindilindele; nazo zikholose ngamandla am.

[6] Erguei, pois, aos céus os vossos olhos, e voltai vosso olhar para baixo, para a terra; os céus desaparecerão como fumaça, a terra se gastará como as vestes, e seus habitantes morrerão como moscas. Mas a minha salvação permanecerá para sempre, a minha justiça jamais falhará.

[6]Khanijonge amazulu phezulu, nijonge umhlaba phantsi. Amazulu othi pheselele njengomsi, umhlaba uguge njengengubo, abantu bafe njengeempukane. Ke lona usindiso lwam lohlala luhleli; ubulungisa bam soze buthini.

[7] Ouvi-me, vós que conheceis a justiça, povo que tem a minha Torá, Lei, no coração.

[7]"Ndiveni, nina babaziyo ubulungisa, luhlangandini lunomthetho wam entliziyweni. Sanukuzihlupha ngâbo baninyelisayo, ningazidubi nangabo banithukayo.

[8] Com certeza a traça os devorará como a uma roupa qualquer; as larvas se alimentarão dos seus corpos como devoram a lã, mas a minha justiça durará para sempre e a minha salvação de geração em geração.

[8]Bonyamalala ngathi yingubo edliwe ngamanundu, ngathi buboya begusha obudliwe ngumbungu. Ubulungisa bam bona boma bumi; usindiso lwam lukwizizukulwana ngezizukulwana."

[9] Desperta, desperta! Arma-te de força, braço de Yahweh; desperta como nos dias antigos, como nas gerações passadas; não és tu aquele que abateu o Egito e feriu o terrível monstro marinho?

[9]Hoyina, Ndikhoyo! Sihlangule! Xhoba ngamandla akho usihlangule; makube njengemihla yamandulo. Kaloku nguwe owahlanganisela inabulele; nguwe owamqwenga-qwengayo uRahabhi.

[10] Não és tu aquele que secou o mar, as águas do Grande Abismo? E fez do fundo do mar um caminho, a fim de que os resgatados passassem?

[10]Nguwe owalomisayo nolwandle; nguwe owavula indlela enzonzobileni, baza badlula abakhululwa bakho.

[11] Assim retornarão os que foram libertados por Yahweh, chegarão a Sião bradando de júbilo, trazendo consigo uma alegria eterna; o gozo e a alegria os acompanharão para sempre, a dor e os gemidos não mais existirão.

[11]Abo bahlawulelweyo nguNdikhoyo baya kungena eJerusalem bechulumacha, bengqungqa bememelela ngemihlali, bathiwe jize ngovuyo ngonaphakade, bonwabe babe nemincili, bangaze babuye bazane neenzingo neenkxwaleko.

[12] "Eu, eu mesmo sou aquele que te consola. Quem és tu para que temas seres humanos, pobres mortais, e os filhos dos homens, que não passam de relva.

[12]UNdikhoyo utsho ukuthi: "Mna ndingulowo ukuthuthuzelayo; ngani ke ukuba woyike umntu – into evuthuluka njengengca?

[13] E te esqueças de Yahweh, o SENHOR, aquele que te criou e modelou, aquele que estendeu os céus e fundou a terra? Tens andado aterrorizado o tempo todo diante da cólera sanguinária do opressor que vive imaginando destruir-te?

[14] O exilado e cativo muito rapidamente serão colocados em liberdade e em cadeias não haverão de morrer, no exílio não descerão à sepultura; o seu pão diário jamais lhes faltará.

[15] Pois Eu Sou Yahweh, teu Deus, que agito o mar para fazer rugir suas poderosas ondas; Yahweh dos Exércitos, o Eterno, é o meu Nome!

[16] Coloco as minhas palavras na tua boca e te protejo com a sombra da minha mão, para que Eu estenda novos céus, estabeleça nova terra e declare a Sião: "Eis que tu és meu povo!

[17] Agora pois, desperta! Levanta tu, ó Jerusalém, que da generosa mão de Yahweh bebeste o cálice do seu rigoroso juízo, tomaste até a última gota da taça que faz os homens cambalearem.

[18] De todos os filhos que ela teve não há nenhum que a tome pelo braço e a conduza; nenhum que segure sua mão com carinho, dentre todos os filhos que criou.

[19] Esta dupla desgraça te sobreveio, quem haverá de demonstrar compaixão para contigo? Ruína e extermínio; fome e espada! Quem poderá consolá-la?

[13]Kanti umlibele na uNdikhoyo uMenzi wakho, yena wawatwabululayo amazulu, yena walisekayo ihlabathi? Ngani ukuba uhlale ngedyudyu, usoyika ingqumbo yomcinezeli? Lowo uzungula ukukutshabalalisa soze abe nako ukukuchukumisa.

[14]Abo babanjiweyo sebeza kukhululwa; abayi kufa, koko bodla ubomi obude, bangalambi, koko baxhamle intlutha.

[15]Mna ndinguNdikhoyo uThixo wakho; mna ndiyalushukumisa nolwandle, amaza alo atsho agragrame. Igama lam nguNdikhoyo uSomandla-onke.

[16]Mna ndawatwabulula amazulu, ndazaneka iziseko zehlabathi. KwiZiyon ke ndithi: 'Ke wena ungowam; imfundiso yam ndikunikile, futhi ke ndiyakukhusela.' "

Isiphelo sentlupheko yeJerusalem

[17]Vuka! Vuka, Jerusalem! Phaphama ude uphakame! Kaloku usizekile isohlwayo akuphathele sona uNdikhoyo; usiqongqoloze sada sakunxilisa.

[18]Ngoku ke akakho okukhokelayo – namnye kubantu bakho – engekho nakoonyana obazeleyo; tu umntu wokukurhuqa.

[19]Kuwe ilishwa lishwabene ngokuphindiweyo: umhlaba wakho uvukuzeliswe yimfazwe; abantu bakho bamemethwa yindlala. Ngubani ke onokukuthuthuzela?

[20] Eis que os teus filhos jazem desmaiados nos cantos de todas as ruas, como antílopes capturados nas redes! Estão cobertos pela ira de Yahweh e da repreensão do seu Deus.

[21] Portanto, ouve isto, ó aflita e embriagada, ainda que não seja com vinho.

[22] Assim declara o teu Soberano, o Eterno Yahweh, teu Deus, que vai à frente do seu povo para defendê-lo: “Em verdade haverei de tirar das tuas mãos a taça da vertigem, isto é, o cálice da minha ira. Tu não tornarás a tomar dele jamais!

[23] Entretanto, Eu mesmo o colocarei nas mãos dos teus perseguidores, que exclamaram enfurecidos: ‘Cai e fica prostrada para que possamos passar sobre ti!’ E tivestes que fazer das tuas costas estrado, como uma rua, para passarem os teus adversários.

Isaías 52

[1] Desperta! desperta, coloca a tua veste de força, ó Tsión, Sião. Veste as tuas roupas mais finas e belas, ó Jerusalém, Cidade Santa; porquanto nunca mais entrará por tuas portas qualquer incircunciso ou impuro.

[2] Sacode o pó que está sobre ti; ergue-te e assenta-te, ó Jerusalém, liberta-te das correntes do pescoço, ó Filha cativa de Sião.

[3] Porque assim declara Yahweh: “Fostes vendidos por nada e sereis resgatados sem pagamento de dinheiro!”

[20]Oonyana bakho zizigede eziyobayo; bathe tywaa ezitalatweni phaya. Sebefana nenxala emgibeni. Batyakatywa yingqumbo kaNdikhoyo; umsindo woThixo wakho uphezu kwabo.

[21]Yiva, Jerusalem ebandezelekileyo, wena ugxadazela ungaselanga.

[22]Utsho uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho uThixo wakho lo ukuthethelelayo: “Ngoku ndiyayisusa kuwe le ndebe, ingqumbo le ndakuseza yona, le isuke yakugxadazelisa; ngoku sobe ube sayixhamla.

[23]Ndoyinika abakuphakele ingcinezelo, abo bakwenze umgaqo wokuhamba, abo bakuxangxathe ngeenyawo, abo bakuxovule njengomhlaba.”

UIsaya 52

IJerusalem yohlangulwa

[1]Vuka! Vuka, Ziyon! Khawuvath' amandla nokomelela; khawufak' ezingayiwayo ngokundileka. Awu, Jerusalem, sixekondini esingcwele, kula masango soze babe sangena abangalukanga nâbo bagqwalisekileyo.

[2]Vuk' uvuthulul' uthuli olo; mbanjwandini Jerusalem, khululeka. Thukulul' amakhamandel' akukhonkxileyo, ungqendeve, mthinjwandini Ziyon.

[3]UNdikhoyo uthi: “Ukungena kwenu ebukhobokeni zange nihlawulelwe, ngoko ke naxa nikhululekayo akuyi kwenziwa mrhumo.”

[4] Pois assim diz o Eterno Deus: “No princípio, o meu povo desceu ao Egito para ali habitar e a Assíria o oprimia sem razão.”

[4]Ewe, uMhlekazi uNdikhoyo uthi: “Kuqala abantu bam bâya kuhlala eJiputa; kamva ke bangena phantsi kwedyokhwe yama-Asiriya.

[5] O SENHOR indaga: “E agora, que tenho Eu aqui? Pois o meu povo foi levado sem motivo algum; os seus dominadores zombam dele”, diz Yahweh. “O meu Nome é blasfemado constantemente, dia após dia, sem cessar!

[5]Ngoku ngaba yiyiphi ke le imeko?” utsho uNdikhoyo. “Kaloku abantu bam baqweqwedisiwe bangena ebukhobokeni ngaphandle kwentlawulo, nabaphathi babo baphoxisa ngabo. Igama lam lihlala linyeliswa imihla yonke.

[6] Portanto o meu povo conhecerá o meu Nome; naquele grande Dia saberá que sou eu que profetizei a vós: Sim, verdadeiramente sou eu que falo!”

[6]Kwithuba elizayo abantu bam baya kulazi igama lam, baqonde ukuba ndim owatshoyo, ewe, ndim kanye!”

[7] Como são maravilhosos, sobre as colinas, os pés do mensageiro que anuncia as Boas Novas, que comunica a todos a Paz, que traz boas notícias, que proclama a Salvação, que declara a Sião: “O teu Deus reina!”

[7]Hayi ubuhle beenyawo zesigidimi sibhijel' iintaba, sipheth' iindaba ezimnandi, sibhengeza sisithi: “Uxolo lufikile! Yonk' intw' ilungile! Nal' usindiso!” Ewe, sibhekisa kwiZiyon sisithi: “UThixo wakho uyalawula.”

[8] Escuta! Eis a voz das tuas sentinelas; ei-las que levantam a voz, juntas lançam gritos de alegria, porque com os seus próprios olhos veem a Yahweh que retorna a Sião.

[8]Abalindi batsho ngentswahla, batsho ngenzwinini yovuyo ngazwi-nye. Kaloku ngoku sebebona ngamehlo; nanko uNdikhoyo engena eZiyon!

[9] Regozijai-vos, juntas lançai brados de júbilo, ó ruínas de Jerusalém!

[9]Dandulukani ngemivuyo nemincili nani ke, mabhodlo aseJerusalem. UNdikhoyo wobathuthuzela abantu bakhe, ayikhulule iJerusalem.

[10] Yahweh descobriu o seu braço santo diante dos olhos das nações e as extremidades da terra viram a salvação oferecida a todos por nosso Deus.

[10]Yena wosebenza ngamandla awodwa, zibone zonke izizwe, usindiso loThixo wethu lutyhileke kuzo zonke iintlanga.

[11] Ide-vos! Ide-vos! Saí daqui! Não toqueis nada do que seja impuro, abandonai tudo o que é imundo, purificai-vos, vós os que levais os utensílios de Yahweh.

[11]Ke nina phumani, hambani nimke apho, ningachukumisi nento le enomlaza. Phumani ningenabala nimsulwa, baphathi bobuncwane bendlu kaThixo.

[12] Mas não haveis de sair apressadamente, não deveis partir como fugitivos porquanto Yahweh irá à vossa frente, o Deus de Israel será a vossa retaguarda!

A aparição, as dores e a glória do Messias

[13] Eis que o meu Servo há de prosperar em sabedoria; será engrandecido, elevado às alturas, e muitíssimo exaltado.

[14] Assim como muitas pessoas ficaram pasmadas à vista dele, tão desfigurado estava o seu aspecto como homem, nem parecia um ser humano;

[15] semelhantemente ele aspergirá muitas nações e reis calarão a boca por causa dele. Pois aquilo que não lhes foi contado verão, e o que não ouviram entenderão plenamente!

Isaías 53

[1] Ora, quem creu em nossa pregação? E a quem foi revelado o Braço de Yahweh?

[2] Ele cresceu diante dele como um broto tenro e como uma raiz saída de uma terra árida e estéril. Ele não aparentava qualquer formosura ou majestade que pudesse atrair os seres humanos, nada havia em seu aspecto físico pelo que pudéssemos ser cativados.

[3] Pelo contrário, foi desprezado e rejeitado pelos homens, viveu como homem de dores, experienciou todo o sofrimento. Caminhou como alguém de quem os seus semelhantes escondem o rosto, foi menosprezado, e nós não demos à sua pessoa importância alguma.

[4] E no entanto, suas dores eram as nossas próprias enfermidades que ele carregava em

[12]Namhla aniyi kuphuma magxabha-gxabha. Kaloku animki ngakuba nibhaca, koko nikhokelwa nguNdikhoyo. UThixo kaSirayeli wonikhusela ngeenxa zonke.

Isicaka soyisa kwiimbandezelo

[13] UNdikhoyo uthi: "Isicaka sam sophumelela; siya kuphakamela phezulu ngendumasi.

[14]Ke abaninzi bomangaliswa bakusibona; suka santleke-ntleke asazeka, imbonakalo yaso ingachazeki, singasafani nanyana wamntu.

[15]Nangoku ke wochaphazela izizwe ezininzi, izikumkani zikhumnqe zisik' umlomo. Kaloku zobona zide ziqondisise nento ezingazange zayazi."

UIsaya 53

[1]Ke abantu bophendula bathi: "Ngubani ongékholiwe ludaba esiluvileyo? Ngubani ongéwuqondile umnwe kaNdikhoyo?

[2]Kaloku isicaka sikhule njengesithole kwelibharhileyo, suke asabi namfaneleko nabunganga, saba ngasijonga asabi namtsalane.

[3]Abantu basidelile basibukula, saba ngumntu wenkxwaleko nentlungu. Saba njengalowo ufulathelwayo, engasiwa so; saba ngulowo udeliweyo, nathi asasikhathalela.

[4]"Kanti ngenene buthwelwe nguye ubuthathaka bethu, inkxwaleko yethu

seu ser. Sobre seu corpo levou todas as nossas doenças; contudo nós o julgamos culpado e castigado por Deus. Pela mão de Deus ferido e torturado.

yâsemagxeni akhe. Ngenene thina besiba ubandezelekile, sisithi uyabethwa nguThixo.

5 Mas, de fato, ele foi transpassado por causa das nossas próprias culpas e transgressões, foi esmagado por conta das nossas iniquidades; o castigo que nos propiciou a paz caiu todo sobre ele, e mediante suas feridas fomos curados.

5Phofu ke ungxwelerhwe ngenxa yokukreqa kwethu; ewe, ubulewe ngenxa yobugwenxa bethu. Ukohlwaywa kwakhe kusiphathele uxolo; thina sinyangwe ngamanxeba akhe.

6 Em verdade todos nós, tal como ovelhas perdidas, andamos errantes; cada ser humano tomou o seu próprio caminho; e Yahweh fez cair sobre ele a iniquidade de todos nós.

6Sonke salahleka njengeegusha, elowo wabhadula ngeyakhe indlela; ke yena uNdikhoyo wamwisela ngobugwenxa bethu sonke.

7 Ele foi maltratado, humilhado, torturado; contudo, não abriu a sua boca; agiu como um cordeiro levado ao matadouro; como uma ovelha que permanece muda na presença dos seus tosquiadores ele não expressou nenhuma palavra.

7“Ewe, yena waphathwa gadalala, kodwa wathi cwaka, akakhalaza tu. Waba njengexhwane eliya kuxhelwa, wathi cwaka njengegusha ichetywa; ewe, akawuvulanga umlomo wakhe.

8 Por intermédio de julgamento tirano ele foi preso. E quem pode falar dos seus descendentes? Pois ele foi ceifado da terra dos viventes; por causa dos erros do meu povo ele foi golpeado.

8Wanqanyulwa ngengcinezelo nesigwebo. Kwisizukulwana sakhe ngubani oyiqondileyo le nto? Inene, wanqanyulwa kwelabaphilayo; wabethwa ngenxa yezikreqo zamawethu.

9 Deram-lhe uma sepultura com os ímpios, e ficou com o rico na sua morte, embora jamais tivesse cometido injustiça, nem houvesse qualquer engano ou inverdade em sua boca.

9Engcwabeni walala nezikhohlakali, ngokunjalo nesityebi ekufeni kwakhe, nakuba wayengenzanga lugonyamelo, engazange waba ngokhohlisayo. ”

10 Contudo, foi do propósito de Yahweh, torturá-lo e fazê-lo passar por toda dor. E, embora o SENHOR o tenha feito como oferta pelo pecado da humanidade, ele verá a sua posteridade, prolongará os seus dias para

10Kanti yintando kaNdikhoyo ukuba abandezeleke abulawe, khon' ukuze ukufa kwakhe kube lidini lokungxengxezela izono. Ngoko ke wobona nezizukulwana; uya kukhula ade akhokhobe; ngaye intando kaNdikhoyo yofezekiswa.

sempre, e a vontade de Yahweh prosperará em suas mãos.

[11] Logo depois do sofrimento ele contemplará o resultado da sua obra, o empenho de sua alma, e ficará satisfeito; mediante a sua sabedoria, o meu Servo, o Justo, justificará a muitos e tomará sobre si mesmo as más obras dos seres humanos.

[12] Por este motivo Eu lhe darei uma porção generosa entre os grandes, e ele dividirá os despojos entre as multidões, porquanto ele derramou a sua própria vida até a morte, e foi contado entre os criminosos. Portanto, ele levou sobre si o pecado de muitos e pelos transgressores intercedeu.

Isaías 54

O progresso e a glória de Sião

[1] “Entoa alegre canto, ó estéril, que nunca teve um filho para criar; irrompe, pois, em canto, brade com júbilo, tu que jamais sentiste as dores do parto; porquanto mais numerosos são os filhos da abandonada do que os filhos daquela que tem marido!”, declara Yahweh.

[2] “Alarga o espaço da tua tenda, estende as cordas, reforça as estacas.

[3] Pois hás de transbordar para a direita e para a esquerda, a tua descendência tomará posse de outras terras e repovoará cidades abandonadas.

[4] Não temas, porque não tornarás a ficar envergonhada; jamais te sentirás humilhada, porque não ficarás constrangida. Em verdade, hás de esquecer a condição vexatória da tua juventude e não

[11]Ngenxa yembandezelo yakhe wobuya axhamle ulonwabo. Uthi uNdikhoyo: “Ngokwazana nesi sicaka sam sindikholisayo abaninzi bofumana ubulungisa. Kaloku sona sibuthwele ubugwenxa babo.

[12]Yena ndomabela isahlulo phakathi kweendwalutho, abe nenxaxheba kumaxhoba ndawonye namagorha. Kaloku waziqongqothela ekufeni, wada wabalwa nabakreqi. Kaloku usithwele isono sabaninzi, wenza isingxengxezo ngenxa yabakreqileyo.”

UIsaya 54

Ukuthandwa kweJerusalem

[1]Danduluka utyibele, ludlolondini Jerusalem! Ewe, hlabel' ingoma umemelele kaloku, nawe, wen' ungazange wayiva inimba. Kaloku lona usizana loba ngunobantwana; loba ngaphezu kwakhe umfaz' onendoda. Ewe, nguNdikhoyo oyithethileyo loo nto.

[2]Yandise loo ndawo uhlala kuyo; sukuthandabuza, yolule nemikhusane yentente yakho; zandise iintsontelo, uzibethelele ziqine izikhonkwane.

[3]Kaloku uza kunabela macalana onke; isizukulwana sakho siya kuzithimba izizwe, umhlaba ubuyele kuso, size sime kwezo zixeko zingamabhodlo.

[4]Musa ukuxhala, awuyi kungena hlazweni; ungaphithizeli, awusayi kuthotywa. Ihlazo lobutsha bakho lona lolibaleka, ungabi sasikhumbula nesingcikivo sobuhlolokazi.

te recordarás mais da humilhação da tua viuvez.

5 Pois o teu Criador é o teu esposo, Yahweh, o SENHOR dos Exércitos é o seu Nome, o Santo de Israel e seu Redentor, ele é chamado o Deus de toda a terra.

6 O Eterno te chamará de volta como se fosses uma mulher abandonada e aflita de espírito, uma mulher que se casou jovem tão somente para ser rejeitada!", diz o seu Deus.

7 "Por breve momento Eu te abandonei, mas com profunda compaixão Eu te farei retornar.

8 Num impulso de indignação escondi de ti o meu rosto, mas logo me compadeci de ti, levado por um amor que jamais se extinguirá!" Declara Yahweh, o teu Redentor.

9 Como nos dias de Noé, quando jurei que as águas de Noé nunca mais inundariam a terra, do mesmo modo juro agora que nunca mais me encolerizarei contra ti, que não mais te ameaçarei.

10 Os montes podem mudar de lugar e as colinas podem abalar-se, mais o meu sentimento de benevolência e misericórdia, isto é, meu amor, nunca mudará; a minha Aliança de Paz não será jamais abalada!" Afirma Yahweh, aquele que se compadece de ti.

11 Ó cidade aflita, açoitada por tempestades e não consolada, Eu te edificarei com turquesas, edificarei teus alicerces com safiras.

5Kaloku nguMenzi wakho indoda yakho; igama lakhe ke nguNdikhoyo uSomandla. NguYedwa kaSirayeli uMkhululi wakho; kuthiwa nguThixo wehlabathi jikelele.

6Ngoku uNdikhoyo uphinde wakubuyela, njengomfazi osel' enomvandedwa kukushiywa, nditsho umfazana owaliweyo. Kodwa ke uThixo wakho uthi:

7"Ndakulahla okomzuzwana nje kuphela; ngoku ke ndikubuyisa sendiyimvuze-mvuze luthando.

8Ndakufulathela ndinengqumbo okomzuzwana nje; ngoku ke ndikuthanda ngothando olungenabuyambo; ewe, ndiyavakalelwa ngenxa yakho." Utsho ke uNdikhoyo uMkhululi wakho.

9"Ngexesha likaNowa ndenza isifungo sokungaphindi ndilintywilisele ihlabathi. Nangoku ke ndithi soze ndiphinde ndicaphuke; andiphindi ndikukhalimele ngoburhalarhume.

10Ewe, iintaba zingadilika, ke zona iinduli zinyamalale, kodwa izibele zothando lwam soze zinqamke kuwe, nomnqophiso wam woxolo soze ushukume." Utsho ke yena uNdikhoyo okukhathaleleyo.

Ukuhlaziywa kweJerusalem

11"Jerusalem exhwalekileyo, sixekondini siselusizini, nkedamandini engenaye nomthuthuzeli, mna ndiza kukwakha ngamatye odidi, iziseko zakho ndizizinzise ngamatye anqabileyo.

[12] Farei de rubis os teus escudos, de carbúnculos as tuas portas, e de pedras preciosas todos os teus muros.

[13] Todos os teus filhos serão discípulos de Yahweh; grande será a paz dos teus filhos.

[14] Serás edificada sobre a justiça; livre da opressão, nada terás a temer; estarás livre do terror; com efeito, ele não te atingirá.

[15] Se fores atacada, não será por obra minha; todo aquele que te atacar, cairá nas tuas mãos.

[16] Vede! Eis que fui Eu quem criou o ferreiro, que sopra as brasas até darem chama e forja cada arma para o seu próprio fim. E fui Eu quem criou o exterminador para gerar o caos.

[17] Nenhum instrumento forjado contra ti terá êxito. Toda língua que se levantar contra ti em julgamento tu a provarás culpada. Tal será a herança dos servos de Yahweh, e esta é a defesa que faço do nome deles!" Oráculo do SENHOR.

Isaías 55

Todo o povo é convidado a procurar a salvação

[1] "Ah! Todos que tendes sede, vinde às águas cristalinas. E vós, os que não tendes dinheiro nem recursos, vinde agora, comprai e comei! Vinde, adquire vinho e leite sem pagamento e sem custo!

[2] Por que investir dinheiro naquilo que não é alimento, e o seu trabalho árduo naquilo que não consegue produzir satisfação? Ouvi-me com toda atenção e comei o que é bom;

[12]Iinqaba zakho ndozakha ngeerubhi, amasango ndiwakhe ngamatye abengezelayo, iindonga ndizijikeleze ngamatye anqabileyo.

[13]Oonyana bakho baya kufundiswa nguNdikhoyo, ikamva labo ndilithi jize ngenkqubela noxolo.

[14]Ndokuxhasa ngobulungisa nolungelelwano; ingcinezelo sobe ibe sakuchukumisa, futhi akusayi kugrogriswa mntu konke.

[15]Nabani na okuhlaselayo uchasene nam; umntu olwa nawe akasayi kuphumelela.

[16]"Kaloku umtyhidi udalwe ndim lo; ubasa umlilo aze atyhide izixhobo. Kwankqu nejoni elitshabalalisayo lidalwe kwandim lo, nditsho elo lisebenzisa ezo zixhobo.

[17]Nezo zixhobo zixonxwe ngenxa yakho soze zikutshabalalise, uya kumphendula nabani na okumangalelayo. Lilo ke elo ilifa lezicaka zikaNdikhoyo; ewe, mna ndozithi jize ngoloyiso." Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo!

UIsaya 55

Inceba kaThixo sisisa

[1] UNdikhoyo unimema esenjenje: "Yizani nonke nina ninxaniweyo; yizani xa ninonke, nanga amanzi. Yizani nonke, nabo bangenamali; thengani, naku ukutya nitye. Yizani nizenzele kwiwayini nobisi; xa iyonke loo nto sisimahla.

[2]Sanukuchitha imali ngento engahluthisiyo. Ngani ukuba nibulaleke ninganeli noko? Ndiphulaphuleni nize nindithobele, khon' ukuze nixhamle ubuncwane obanelisayo.

haveis de deleitar-vos com manjares revigorantes.

[3] Escutai-me e vinde a mim, ouvi-me e haveis de viver. Farei convosco uma Aliança eterna, assegurando-vos as graças prometidas a Davi.

[4] Em verdade, Eu o coloquei como testemunha aos povos, como regente e comandante de povos.

[5] Assim, tu chamarás por uma nação que não conheces, sim, uma nação que não te conhece acorrerá a ti, por causa de Yahweh teu Deus, o Santíssimo de Israel, pois ele te concedeu esplendor!"

[6] Procurai a Yahweh enquanto é possível encontrá-lo; invocai-o enquanto está próximo.

[7] Abandone o ímpio o seu caminho, e o homem mau as suas maquinações, e volte para Yahweh, pois ele terá misericórdia dele; retornai ao nosso Deus, pois ele dá de bom grado o seu perdão.

[8] "Afinal, os meus pensamentos não são os vossos pensamentos, e os vossos caminhos não são os meus caminhos!" Afirma Yahweh, o SENHOR.

[9] "Assim como os céus são mais altos do que a terra, também os meus caminhos são mais altos do que os vossos caminhos, e os meus pensamentos, mais altos do que os vossos pensamentos.

[10] Como a chuva e a neve descem dos céus e não retornam para eles sem regarem a terra e fazerem-na brotar e florescer, a fim de que ela produza sementes para o

[3]Bekani indlebe, nize kum; phulaphulani, nixhamle ubomi. Ndonenzela umnqophiso waphakade, ndiniphathe ngezibele endazithembisa uDavide,

[4]endammiselayo waba lingqina lam ezizweni, inkokheli nomlawuli ezintlangeni.

[5]Ngoku niya kumema iintlanga eningazaziyo; izizwe ezinganaziyo ziya kunilangazelela ngenxa kaNdikhoyo uThixo wenu. Lowo ke nguYedwa kaSirayeli. Kaloku yena unithe jize ngesihomo."

[6]Funani uNdikhoyo esenokufumaneka; bhenelani kuye ngoku asekufutshane.

[7]Umntu okhohlakeleyo makahlukane nobubi, netshijolo maliyeke ukuyila ubutshijolo. Maliguquke, lize kuNdikhoyo; yena wosuka abe novelwano lilo. Malize kuThixo wethu, kuba yena uxolela kangangoko.

[8]"Kaloku ingcinga zam azifani nezenu, neendlela zenu azifani nezam," utsho yena uNdikhoyo!

[9]"Njengokuphakama kwezulu emhlabeni ziphakamile neendlela zam kunezenu, kanti ke zikwanjalo neengcinga zam.

[10]Ilizwi lam nqwa nekhephu nemvula: ziphuma esibhakabhakeni, kanti ke azigoduki ngaphandle kokumanzisa umhlaba, zikhulise izityalo, umlimi zimnike imbewu, olambileyo zimnike ukutya.

semeador e pão para os que dele se alimentam,

[11] assim também acontece com a Palavra que sai da minha boca: Ela não voltará para mim vazia, mas realizará toda a obra que desejo e atingirá o propósito para o qual a enviei.

[12] Haveis de sair com grande alegria e em paz sereis reconduzidos, os montes e colinas irromperão em canto diante de vós, e todas as árvores do campo baterão palmas em uníssono.

[13] No lugar do espinheiro crescerá o pinheiro, o cipreste; em vez de urtigas e roseiras bravas, cheias de espinho, crescerá a murta e o zimbro. Isso servirá de testemunho e exaltará o Nome de Yahweh, para sinal eterno, que jamais será apagado!"

[11]Likwanjalo ke nelizwi endilithethayo: alibuyi lilambatha, koko liyawufezekisa umnqweno wam, liliqaqambise icebo lam.

[12]Nophuma nimemelela ngovuyo, nihambe ningumngcelele owonwabileyo. Iintaba neenduli phakathi kwenu zosuka zingqokole zitsho ngengoma, amahlathi nemithi atsho ngentswahla luvuyo.

[13]Endaweni yomqaqoba kovela imipayini, kukhule imetlani endaweni yobobo. Loo nto ke yoba ludumo lukaNdikhoyo – umqondiso ongasoz' uthini!"

Isaías 56

Promessas àqueles que guardam o sábado

[1] Assim diz Yahweh, o SENHOR: "Observai o Direito! Praticai a Justiça! Porquanto a minha Salvação está prestes a chegar e a minha justiça, a manifestar-se.

[2] Bem-aventurado o homem que assim entende e procede; feliz a pessoa que nestes princípios permanece inabalável, observando o Shabbãth, sábado, para não profaná-lo, e vigiando sua mão para não cometer nenhum mal!"

[3] Que nenhum estrangeiro que se disponha a unir-se a Yahweh venha dizer: "É certo que o Eterno me excluirá do seu povo!" E que nenhum eunuco reclame: "Não passo mesmo de uma árvore seca!"

[4] Pois assim afirma o SENHOR: "Aos eunucos que guardarem os meus sábados,

UIsaya 56

UThixo ngoweentlanga zonke

[1] UNdikhoyo uthethe wenjenje: "Yenzani okusemthethweni noko kulungileyo. Kaloku usindiso lwam lukufuphi, nobulungisa bam buza kutyhileka.

[2]Unoyolo ke umntu owenjenjalo, nditsho umntu oyibambisisayo, lowo uwuhlonelayo uMhla wokuPhumla, umntu ongawudeliyo awuxabhele, nditsho ozigcinayo angenzi bubi konke."

[3]Intlanga ezibandakanya noNdikhoyo mayingathi: "Inene uNdikhoyo wondikhetha kubantu bakhe." Nendoda elithenwa mayingakhalazi ithi: "Mna ndinjengomthi ongenahlumela."

[4]Kumathenwa uNdikhoyo uthi: "Ukuba niyawuhlonela uMhla wokuPhumla, ukuba

que agirem do modo como me agrada e se apegarem à minha Aliança,

nizimisele ukwenza izinto ezindikholisayo, niwugcine ngokupheleleyo umnqophiso wam,

[5] a eles darei, dentro de meu templo e dos meus muros, um memorial e um nome melhor do que filhos e filhas, um nome eterno, que não será jamais apagado.

[5]ndonenzela isikhumbuzo negama endlwini yam, elingaphezu kokuba noonyana neentombi, nditsho igama elingasoze litshitshe.

[6] E os estrangeiros que se unirem a Yahweh para adorá-lo e servi-lo, para amarem o Nome do Eterno e dedicar-lhe culto, todos os que guardarem o sábado deixando de profaná-lo, e que se apegarem à minha Aliança,

[6]Iintlanga ezizibandakanya noNdikhoyo, ezizinikeleyo kuye zimsebenzela, ezizimiseleyo ukuba zizicaka zakhe, lowo uwuhloneleyo uMhla wokuPhumla, umntu ongawudeliyo awuxabhele, owuthobelayo pheleleyo umnqophiso wam –

[7] todos estes trarei ao meu santo monte e lhes darei alegria em minha Casa de Oração. Seus holocaustos e demais sacrifícios serão igualmente aceitos em meu altar; porquanto a minha Casa será chamada Casa de Oração para Todos os Povos.

[7]abanjalo ndobasa kwintaba yam eyodwa, bonwabe endlwini yam yokuthandaza. Amadini abo atshiswayo kunye neminikelo aya kwamkeleka kwiqonga lam lamadini. Kaloku indlu yam kothiwa yindlu yokuthandaza iintlanga zonke. ”

As faltas e os crimes de Israel

[8] Oráculo do Soberano Yahweh, daquele que reúne os exilados de Israel: “Eis que reunirei ainda outros àqueles que já foram reunidos!”

[8]Utsho ke uMhlekazi uNdikhoyo, nditsho umqokeleli weembacu zikaSirayeli: “Ndisaza kuqokelela nabanye ngaphandle kwâbo sendibaqokelele.”

Iinkokheli ziyagxekwa

[9] Vós, todos os animais do campo, vinde todos vós, animais da floresta, vinde e saciai a vossa fome!

[9]Yizani nonke, marhamncwa, nibaqwenge, nina zinyamakazi nezilo zamahlathi.

[10] As sentinelas de Israel estão cegas e não tem conhecimento, todas elas são como cães mudos, incapazes de latir. Deitam-se e sonham; só querem dormir.

[10]Kaloku iinkokheli zabo aziboni, zizonke nje zititsekile nqwa nezinja ezimumekileyo, nditsho izinja ezingakhonkothiyo, ezibhuqa-bhuqeka zide ziphuphe, ezilangazelela ubuthongo kuphela.

[11] São cães devoradores, insaciáveis. São pastores sem compreensão nem entendimento; todos apenas seguem seu próprio caminho natural, cada um busca com avidez vantagens apenas para si.

[11]Zifana nqwa nezinja ngokunyoluka; zizingxala ngokutya, kodwa azihluthi. Zinjalo nezi nkokheli, zivaleke mba; zonke zenza ngokuzithandela; ngulowo nalowo usemva kwenzuzo.

[12] "Vinde, vou buscar vinho, embriaguemo-nos com bebida forte; amanhã será como hoje, um dia incomparavelmente delicioso, ou até melhor ainda!"

Isaías 57

[1] Ora, o justo perece e ninguém reflete sobre isso em seu íntimo; homens piedosos são arrebatados, e ninguém compreende que os justos são tirados a fim de serem livrados do mal.

[2] Aqueles que praticam a justiça usufruirão da paz, encontrarão pleno descanso na morte.

[3] "Quanto a vós, entretanto, filhos de feiticeiras, chegai-vos aqui; geração adúltera, que te prostituíste!

[4] De quem zombais? Para quem fazeis cara de indiferença? Para quem mostrais a língua? Porventura não sois apenas uma ninhada de rebeldes? Uma prole de mentirosos?

[5] Vós que vos deixais inflamar pela incontinência dos desejos entre os carvalhos e debaixo de toda árvore frondosa; que sacrificais vossos próprios filhos nos vales e debaixo de penhascos e fendas de rochas.

[6] Portanto, vossos ídolos, feitos de pedras lisas dos vales são toda a vossa porção; são essas pedras que te cabem por sorte. Sim, pois fora a estes ídolos que ofereceste tuas libações, que derramaste ofertas de bebidas e apresentaste tuas oblações, ofertas de cereais. Ora, poderei Eu contentar-me com esta atitude?

[12]Ungaziva zisithi: "Yizani sihambe siye etywaleni; masibutye sibuphathe ngeembambo. Nangomso yiloo nto – okanye kothi kratya!"

UIsaya 57

[1]Amalungisa ayafa, kungabikho mntu ukhathalayo; abantu benene bayahamba, kungabikho bani uqondayo – bona bayafa ngenxa yobubi.

[2]Kambe ke bangena eluxolweni; ukufa kubaphathela ukuphumla abo bahamba ngendlela ethe ngqo.

Kugxekwa imifanekiso eqingqiweyo

[3]"Yizan' apha ke, nina nzala yezanusekazi, sizukulwanandini sabakrexezi namahenyukazi!

[4]Ngubani lo nidlala ngaye? Ngubani lo niphoxisa ngaye, lo nimlencezela ulwimi? Nzalandini yezibhoxi! Sizukulwanandini sabakhohlisi!

[5]Zintondini zitshiseka emiokini, ze zilalane phantsi kwemithi efukufuku, nixhela abantwana ezingxingweni, emiqolombeni phantsi kwezawana.

[6]Ilifa lenu ngamatye agudileyo ezingxingweni; isabelo senu zezo zithixo. Zona nide nizithululele utywala, niziphe nomnikelo weenkozo. Nithi mandivelane nani kule mikhuba?

7 Sobre um monte alto e soberbo construíste o teu leito; ali subiste para oferecer sacrifícios.

8 Atrás da porta e as ombreiras puseste o teu memorial. Longe de mim te descobriste, subiste ao teu leito, alargaste-o. Praticaste o teu comércio com aquele cujo leito te seduz, e dos quais contemplaste a nudez.

9 Procuraste Moloque com azeite de oliva e multiplicaste os seus perfumes. Enviaste teus embaixadores a lugares distantes; desceste ao mais profundo da fossa!

10 De tanto perambular ficaste exausta; todavia, nem por isto reclamaste: 'Isto é de desanimar!' Recuperaste o vigor de teus braços e as tuas forças, e assim não esmoreceste.

11 De quem tiveste receio e até pavor ao ponto de agir com falsidade para comigo, não se lembrar de mim e nem ao menos refletir sobre isso em teu coração? Não será porque há muito tempo ando calado para contigo que perdeste o teu temor para comigo?

12 Ora, teu conceito de justiça e tuas atitudes tornarei públicas, mas certamente isto nada te aproveitará.

13 Quando clamares para que te livrem aqueles que estão junto de ti, que tua coleção de ídolos te salve! Entretanto, o vento os arrebatará a todos, um sopro os levará embora, mas aquele que põe a sua confiança em mim herdará a terra, possuirá o meu santo monte."

7Amadini niwenzela ezintabeni eziphakamileyo, kanti kwalapho ninawo nomandlalo.

8Emigubasini nasemva kocango kulapho nizizoba khona izithixo. Ngokundibaleka niwuhlubile umandlalo wenu, suka nawuvula nangena nezithandwa zenu, ezo nilala nazo ngokuzihlawula, khon' ukuze nizanelise ngazo.

9Nto niyaziyo kukuziqaba nokuziqhola, nenjenjeya ukunqula uMoleki. Izithixo nide nizizingele, izigidimi zenu zixananaze, nithumele nakwelo labafileyo.

10Nibhadula nide nidinwe, nifuna izithixo, kodwa anivumi ukuba yinkcitha-xesha. Anizilibali nisomelezwa zizithixo; yiyo le nto ngathi anidinwa."

11 UNdikhoyo uyabuza, uthi: "Ngoobani ezi zithixo nizoyika kangaka? Ngenxa yazo nide anathembeka, mna anabi sandikhumbula mpela. Ngaba ndithule ndada ndagqithisa le nto ningasandazele nto ngoku?

12Ndosuka ndibudandalazise ubulungisa benu benkohliso, ngokunjalo nezenzo zenu; nolu nqulo lwenu luya kulambatha.

13Xa nibhomboloza nizibika, azinincedi ngani izithixo zenu; kambe ke zona ziphetshethwa nangumoya lo, nditsho nomphunga lo. Ke bona abo bakholosa ngam baya kuma bazinze kulo mhlaba; ewe, intaba yam eyodwa ibe lilifa labo."

UThixo uthembisa ngoncedo nokuphilisa

[14] Então o Eterno exclamará: “Aterrai, aterrai, abri um caminho, removei os obstáculos para que o meu povo tenha acesso ao Caminho!”
[15] Porquanto assim afirma o Alto e Sublime, Aquele que vive para sempre, e cujo Nome é Santíssimo: “Habito no lugar mais majestoso e santo do universo; contudo, estou presente com o contrito e humilde de espírito, a fim de proporcionar um novo ânimo ao quebrantado de coração e um novo alento ao coração arrependido!
[16] Em verdade, não contenderei para sempre, nem estarei perpetuamente encolerizado, pois à minha presença desfaleceria o espírito humano, a alma que eu mesmo criei!
[17] Por causa da tua cobiça maligna fiquei indignado e te feri seriamente, fiquei irado e te virei a minha face. No entanto, ele continuou extraviado, perambulando pelos caminhos que escolheu.

[18] Eu observei os caminhos, mas hei de curá-lo; Eu o guiarei e tornarei a dar-lhe consolo.

[19] Farei brotar o louvor dos seus lábios dos pranteadores de Israel: Paz! Paz ao que está longe e ao que está perto!” Declara, Yahweh: “Quanto a ele, eu mesmo o curarei!”
[20] Porém os ímpios são como o mar agitado, incapaz de sossegar, e cujas águas expelem lama e lodo para todo lado!
[21] “Para os ímpios não há paz!” Palavra do meu Deus.

Isaías 58

[14] UNdikhoyo ke uthi: “Shenxisani izithintelo endleleni; bahlahleleni indlela abantu bam.”

[15]Utsho uThixo ophakamileyo, uThixo oyedwa ophila ngonaphakade: “Ndihlala emajuku-jukwini angayiwayo, kanti ndiyahlala nasebantwini – kwabo bazinikelayo bathobekileyo – ukuze ndibahlaziye abathobekileyo, ndibakhuthaze abo bazinikelayo.

[16]Andiyi kusoloko ndibamangalela abantu, ndingayi kusoloko ndisilwa nabo, hleze umntu atyhafe, adane lowo ndimenzileyo.

[17]Ndacatshukiswa sisono sabo sokunyoluka, suka ke ndabohlwaya ndabafulathela. Kambe ke basuke baneenkani, babhadulela ekuthandeni kwabo.

[18]Ngoku ke ndikubonile ukuziphatha kwabo; ngoko ke ndiza kubanyanga – ndiza kubakhokela ndibasize ndibathuthuzele,

[19]abo banesingqala ndibaphakel' indumiso, uxolo nenzolo kwabakufuphi nabasekudeni; ewe, ndiza kubanyanga abantu bam,” utsho uNdikhoyo.

[20]Ke zona izikhohlakali ziphithizela njengolwandle olumaza asoloko elatyuza, edudula ukungcola nodaka.

[21]Ewe, uThixo wam uthi: “Akukho ukonwaba kwabakhohlakeleyo!”

UIsaya 58

Ukuzila

[1] Grita, pois, a plenos pulmões, não te contenhas, levanta a tua voz como um Shofar, uma trombeta, e faze ver ao povo a sua própria transgressão, mostra à Casa de Jacó o seu pecado!

[2] Pois, ainda assim, este povo tenta me encontrar dia e noite; parecem mesmo pessoas desejosas de conhecer as minhas orientações, como se formassem uma nação que faz o que é direito e que não abandonou os mandamentos do seu Deus. Solicitam-me decisões justas e demonstram a vontade de que Deus se aproxime deles.

[3] E questionam: 'Por que jejuamos regularmente se tu não o reparas? Temos mortificado e humilhado sobremaneira as nossas almas e tu não tomas conhecimento de tudo isso?' A razão está em que, no dia mesmo do vosso jejum, correis atrás dos vossos próprios desejos e negócios, assim como também explorais os vossos trabalhadores.

[4] Ora, o motivo está em que o vosso jejum sempre termina em discussão e rixa; em brigas violentas, com socos e outras brutalidades. Não é possível que continues a jejuar deste modo e ainda espereis que a vossa voz venha a ser ouvida nos altos céus.

[5] Porventura foi esse o jejum que idealizei? Apenas um dia separado para que o ser humano pareça contrito, incline a cabeça como o junco no brejo e se deite sobre pano de saco e cinzas em sinal de grande lamento? Ora, é isso que chamas jejum e dia agradável a Yahweh?

[6] Não, nada disso! O jejum que desejo não é este: que te liberte das amarras da

[1] UNdikhoyo uthi: "Danduluka ubhomboloze ungathandabuzi; khwaza umemeze njengexilongo. Thetha uzikhombe izikreqo zabantu bam; indlu kaYakobi yibonise izono zayo.

[2]Kaloku bona bafunana nam mihla le, ngathi bayazithanda iindlela zam. Sebengathi basisizwe esindithobelayo, ngathi babambelele kwizimiso zoThixo wabo. Bathi mandibanik' umtheth' onguwo ngokwabantw' abalangazelel' uThixo wabo."

[3]Ungabeva bekhalaza besithi: "Siba ngazila awusikhathaleli! Kudala sizibhuqa-bhuqa ngentobeko, kodwa wena ngathi awusiboni." Kanti ke yena uNdikhoyo uthi: "Ewe, ngenene ninayo imihla yokuzila, kodwa ikwayimihla yokuzenzela unothanda – ngayo nisuka nixhaphaze abasebenzi.

[4]Ngomhla wokuzila iba sisiphithi-phithi semfazwe; nisuka nibethane ninqindane ngolunya. Namhlanje ke olo zilo lwenu lilize; ilizwi lenu alinakuviwa phezulu.

[5]Kakade, nithi olu lolu zilo lufunwa ndim, usuku nje lokuba umntu aziqobe, ufike nithe tyek' iintloko ngathi yingcongolo, nide nilal' eluthuthwini ngamasaka? Ningathi kukuzila ke eso simanga? Ingandikholisa njani ke into enjalo?

[6]"Naku okona kuzila ndikufunayo: Zikhululeni iimbophelelo zengcinezelo;

malignidade e da injustiça; que desfaças as ataduras da opressão, que ponhas em liberdade os oprimidos, e que despedaces todo o jugo?

[7] Ora, não é partilhar teu alimento com o faminto, abrigar o pobre desamparado, vestir o nu e sem teto que encontraste e não recusar tua ajuda ao próximo?

[8] Quando fizeres assim, então a tua luz resplandecerá como a alvorada, e prontamente surgirá a tua cura; a tua retidão caminhará adiante de ti, e a glória de Yahweh guardará a tua retaguarda.

[9] Assim, clamarás a Yahweh, e ele te atenderá; gritarás por socorro, e o Eterno te responderá: “Eis me aqui! Mas isto se afastares do meio de ti o jugo opressor, a língua e os gestos acusadores, e a falsidade do falar;

[10] se com renúncia própria beneficiares os que têm fome e buscares satisfazer o anseio dos aflitos, então, naturalmente, a tua luz despontará nas trevas e a tua noite será como o meio-dia.

[11] Yahweh será o teu guia continuamente e te assegurará a fartura, mesmo em terra árida; ele revigorará os teus ossos, e tu serás como um jardim regado, como uma fonte generosa e borbulhante cujas águas nunca se esgotam.

[12] Seu povo reconstruirá as velhas ruínas e restaurará os alicerces antigos; serás chamado Reparador de muros, Restaurador de caminhos e moradias.

niwanyenyise amatyathanga edyokhwe, bakhululwe bonke abacinezelwa, niyaphule idyokhwe yengcinezelo.

[7]Kananjalo yabelanani nabo abalambileyo, amahlwempu eembacu niwafake ezindlwini. Abo badlakazelayo baphen' impahla; yekani ukusuka nifulathele amawenu.

[8]Nam ke ndotsho ndiyenze mhlophe indlela yenu; nezifo zenu ndozinyanga ngokukhawuleza. Ewe, impumelelo yakho iya kukukhokela, ubungangamsha bukaNdikhoyo bukuphahle ngeenxa zonke.

[9]Nothi ke nakuzibika, asabele uNdikhoyo; nothi nakukhala, athi: ‘Ndim lo!’ “Ukuba nithe nahlukana nengcinezelo, nayeka ukutyityimbisela abanye umnwe, nahlukana nokuyila nokuthetha inkohlakalo –

[10]ewe, xa nithe nababela abalambileyo, ukuba nithe nabathuthuzela abaxhwalekileyo, notsho nibe zizibane ezigxotha ubumnyama, ngenene yotsho ibe mhloph' indlela yenu.

[11]UNdikhoyo ke wonikhokela njalo-njalo, anibonelele naxa senisenkqantosini. Uya kunomeleza nihlale niphile qete! Nodlamka njengomyezo onkcenkceshelwayo; nofana nomthombo ompompoz' ungaz' utshe!

[12]Abanye benu baya kuwakha amabhodlo akudala; iziseko zamandulo ziya kuvuswa. Kothiwa ningababakhi beendonga eziwileyo, abavusi bezitalato ukuze kumiwe kuzo.”

Umvuzo wokuhlonela uMhla wokuPhumla

[13] "Se vigiares teus pés a fim de que não profanes o Shabbãth, o sábado, e para não fazer o que bem quiser em meu santo dia; se considerares e chamares Delícia, o meu sábado, e honroso o santo dia do Eterno, e se o dignificares, deixando de seguir seus próprios caminhos, de fazer o que bem deseja e de falar irrefletidamente,

[14] então encontrarás no SENHOR a tua grande alegria, e Eu farei com que cavalgues nos altos da terra e se banqueteie com a herança de Jacó, teu pai!" Porquanto a boca de Yahweh o disse.

Isaías 59

[1] Não, o braço forte de Yahweh não está encolhido que não possa alcançar-nos com a salvação; nem o seu ouvido está tampado que não possa ouvir.

[2] No entanto, são as vossas maldades que fazem separação entre vós e o vosso Deus. Os vossos pecados nublaram e esconderam de vós a face do SENHOR, e por isso ele não lhes dará ouvidos!

[3] Em verdade, as vossas mãos estão manchadas de sangue e os vossos dedos, de iniquidade e culpa; os vossos lábios falam mentiras e a vossa língua murmura palavras ímpias.

[4] Não há quem pleiteie sua causa com justiça, não há quem busque o direito, e nem faça sua defesa com retidão e sinceridade. Todos apóiam seus argumentos em falatório vazio e mentiras; concebem maldades e geram mais iniquidade.

[5] Chocam ovos de cobra e tecem teias de aranha. Quem comer tais ovos encontra a

[13] UNdikhoyo ke uthi: "Ukuba nithe ke nawuhlonela uMhla wokuPhumla, nayeka ukuzikholisa ngalo mhla wam uwodwa, xa nithe nawulangazelela lo mhla, ukuba niyawuxabisa umhla kaNdikhoyo, ngawo ningenzi misebenzi iyeyenu, niyeke ukuzonwabisa ngawo nokuthetha ngokungakhathali,

[14]uNdikhoyo ke uya kunonwabisa, animise nasezintabeni, nixhamle ilifa lokhokho wenu uYakobi." Etshilo nje ke uNdikhoyo utshilo.

UIsaya 59

Izono zingumqobo

[1]Ngenene isandla sikaNdikhoyo asisifutshane ukuba ade angabi nako ukumhlangula umntu. Ewe, yena akasiso isithulu ukuba ade angeva.

[2]Nto nje ubugwenxa benu bungumqobo; buthe zinzi phakathi kwenu noThixo. Ewe, zizono zenu ezimsithayo uThixo kuni, yiyo nale nto ngáthi akaniva.

[3]Izandla zenu zidyojwe ligazi, neminwe yenu inkone kukona. Ngemilomo yenu niyaxoka, kananjalo nithulula inkohlakalo.

[4]Akukho ukhathalele ubulungisa; xa bemangalelana bubuqhophololo bodwa. Bakholosa ngenkohliso nobuxoki; bakhawula inkathazo, bazale inkohlakalo.

[5]Baqandusela amaqanda erhamba, batsho ngobobo lwamayelenqe. Maqanda lawo ke

morte e de cada ovo esmagado sai uma víbora.

[6] As teias não servem para a confecção de roupas; mas eles conseguem cobrir-se com o que fazem. Suas obras são malignas; tão somente atos de violência procedem de suas mãos.

[7] Seus pés correm apressadamente para tudo quanto é maligno, são ágeis em derramar sangue inocente. Seus pensamentos são continuamente maus; ruína e extermínio marcam seus caminhos.

[8] Não conhecem o Caminho da Paz; não existe justiça em suas intenções e práticas. Eles transformaram todo o direito em caminhos tortuosos; quem andar por eles jamais verá a paz.

[9] Por esta razão a justiça está muito longe de nós, e a retidão não consegue nos alcançar; buscamos e procuramos por ela, mas tudo são trevas. Ansiamos encontrar a claridade, mas caminhamos sob densas sombras.

[10] Como aqueles que não podem enxergar andamos tateando o muro, apalpamos como os cegos buscam um caminho. Mesmo sob a luz do meio-dia tropeçamos como se fosse noite; entre os fortes somos mais que fracos, estamos como mortos.

[11] Todos nós urramos como ursos; gememos como pombas. Aplicamos todo o nosso esforço na busca da justiça e alcançamos nada! Procuramos desesperadamente o livramento, mas este se distancia cada vez mais!

ayityhefu – lithi lingakroboka kuthi gqi irhamba.

[6]Amayelenqe abo akancedi mntu; ewe, akambathwa njengengubo. Imisebenzi yabo ngamanyondololo; ngezandla zabo basebenza ububhoja.

[7]Bahamba ngezantya xa besiya kona; bayakhawuleza xa babulala ongenatyala. Ngeengcinga bayila inkohlakalo yodwa; endleleni yabo yimbubho nentshabalalo.

[8]Ewe, indlela yoxolo abayazi; umthetho nesiko abahambi ngawo. Iindlela zabo bubuqili nobuqhophololo; abahamba ngazo soze babe noxolo.

Abantu bayabula

[9]Abantu bathi: “Ewe, ngenene asilungiselelwa; ubulungisa abufikeleli kuthi. Silindela ukukhanya, kuthi gqi ubumnyama; silindela ilitha, suka kusibekele.

[10]Siyaphuthaphutha ngathi siziimfama; siyaphampatha ngathi asinamehlo. Sikhubeka emini ngathi kusebusuku, kwabaphilayo ngathi singabafileyo.

[11]Sibhomboloza ngathi singamarhamncwa; sitsho ngesimbonono ngathi ngamahobe. Sibe ngafuna ukulungiselelwa, kungabikho; sakuthalaza usindiso suka lube ziinkwenkwezi.

[12] E tudo isso acontece porque são numerosas as nossas transgressões diante da tua pessoa e os nossos pecados gritam contra nós! Em verdade nossos erros e maldades estão sempre em nossos corações, e, portanto, reconhecemos nossas iniquidades:
[13] negar e rebelar-nos contra Yahweh, traindo o nosso SENHOR; deixar de segui-lo, estimular a opressão e a revolta, proferir as mentiras que os nossos corações costumam conceber.
[14] Assim a justiça retrocede e a sabedoria fica longe, porquanto a verdade tombou na praça, e a honestidade não consegue mais entrar na cidade.

[15] Não mais se encontra a retidão em parte alguma e quem se aparta do mal é vítima de roubo e violência. O SENHOR observou tudo isso e indignou-se com a falta de justiça.

[16] Ele viu que não havia ninguém, admirou-se de que ninguém tivesse coragem de intervir e fazer o que é certo; então usou o seu próprio braço para trazer-lhe livramento e a sua retidão como apoio.
[17] Empunhou sua justiça como couraça contra os ataques, colocou na cabeça o capacete da salvação; vestiu-se de vingança e envolveu-se de zelo como em uma capa.

[18] Ele retribuirá conforme as obras de cada um: aos seus inimigos, castigo; aos seus adversários, a devida recompensa; às ilhas, a merecida retribuição por seus feitos.

[19] Desde o poente os seres humanos haverão de temer o Nome de Yahweh e desde o

[12]“Ndikhoyo, sikone ngokuphinda-phindeneyo; izono zethu nâzo zisimangalela. Ewe, ngenene singabakreqileyo; siyabuqonda yaye sibuvuma ubugwenxa bethu.

[13]Sikuvukele ngobuqhetseba, wena Ndikhoyo; suka safulathela asamlandela uThixo wethu; suka saphul' izikeyi, sifuth' ingcinezelo, sayil' inkohliso, satheth' ubuxoki.
[14]Ngoku ke umthetho urhoxile, nobulungisa bumele qelele. Phandle phaya inyaniso iyaphephetheka, nokunyaniseka akungeni ndawo.
[15]Ewe, inyaniso yafuduka mpela-mpela; oshiy' ububi uzibhaqa elixhoba.”

UNdikhoyo uthatha amanyathelo

Akukhangela uNdikhoyo suka wakhathazeka akubona umthetho unyathelwa ngeenyawo.
[16]Akukhangela akabonanga mncedi konke, suka wakhathazeka kwakungabikho mlamli. Ngoko ke suka waxhabasha ngamandla akhe asindisayo, ukuze azuze uloyiso ngobulungisa bakhe.
[17]Uthe gaxa ubulungisa esifubeni, watsho ngomnqwazi wosindiso entloko. Ewe, kaloku uvath' impindezelo, wada wazithándela ngekhwele.
[18]Abantu wobohlwaya ngokwezono abazenzileyo; iintshaba uza kuziphakel' ingqumbo, abalwa naye ababel' impindezelo, ade aye kuqhina nakwabo bakude.
[19]Entshonalanga bonkwantya besoyika uNdikhoyo, lufikelele nasempuma udumo

nascente, a sua Glória! Porquanto ele virá como uma inundação impelida pelo sopro soberano de Yahweh.

[20] "Eis que o Redentor vira de Tsión, Sião, aos que em Jacó se arrependerem dos seus pecados!" Assevera o SENHOR!

[21] "Quanto a mim, esta é a minha Aliança para com eles" afirma Yahweh. "O meu Espírito que está em ti e a minha Palavra que coloquei em tua boca não se afastarão jamais de teu coração, nem da boca dos teus filhos e dos descendentes deles, desde este momento e por toda a eternidade!" Palavra do Eterno!

lwakhe. Ekuhlaseleni kotshaba oluza ngokomlambo otyhulubayo, uMoya kaNdikhoyo uya kuluswantsulisa.

[20]"UMkhululi uyeza eZiyon; uza kukhulula abakwaYakobi abazisolayo ngezono zabo." Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

[21]UNdikhoyo uthi: "Ndiza kwenza umnqophiso nani. Amandla nemfundiso endininike yona yohlala iyeyenu; ngokunjalo ke ukusukela ngoku ngamana nandithobela, nide nifundise nesizukulwana senu, khon' ukuze naso sindithobele kude kuye ephakadeni."

Isaías 60

Jerusalém é restituída à sua glória

[1] "Põe-te em pé! Levanta-te e resplandece, porquanto a tua Luz é chegada, e a Glória de Yahweh raia sobre ti.

[2] Em verdade, as trevas cobrem a terra, a escuridão envolve todas as nações, mas sobre ti levanta-se a face de Yahweh e a sua Glória aparece sobre ti.

[3] As nações caminharão na tua Luz, e os reis, no clarão do teu sol nascente.

[4] Ergue os olhos em torno de vê: todos eles se reúnem e vêm de longe, as tuas filhas vêm carregadas nos braços !

[5] Então o contemplarás e ficarás radiante; o teu coração estremecerá e pulsará forte de júbilo, porque a riqueza de todos os mares lhe será trazida; a ti chegarão os tesouros das nações.

[6] Manadas de camelos cobrirão as tuas terras, camelos novos de Midiã e de Efá.

UIsaya 60

Ikamva leJerusalem

[1]Khawuvuke! Vuka, Jerusalem! Khanya! Ukhanyiso lwakho luthwasile; isihomo sikaNdikhoyo sikujikelezile.

[2]Nâbo ubumnyama phezu kwehlabathi; umnyam' ombonde-mbonde uvalel' izizwe. Kodwa ke uNdikhoyo uyakukhanyisela; ukukhanya kwesihomo sakhe kuphezu kwakho.

[3]Oko kukhanya kotsala neentlanga, nezikumkani ngokwazo uzikhange loo mso.

[4]Khawubheka-bheke ude uqwalasele; bonke bayaqokelelana, bayeza! Oonyana beza bevel' ekudeni; iintombi zona ziza zisingathiwe.

[5]Wothi ungabona, utsho ube nemihlali; uya kutsho uhlasimle kukuchulumacha. Kaloku ubutyebi bezizwe boza kuwe; ubutyebi bothi gqi naphesheya kweelwandle.

[6]Ilizwe lozala yimihlambi yeenkamela namankonyane aseMidiyan naseHefa.

Também virão todos os de Sabá transportando ouro e incenso e proclamando o louvor de Yahweh.

[7] Todos os rebanhos de Quedar se ajuntarão diante da tua presença, e os carneiros de Nebaiote a servirão; e serão também aceitos como ofertas e sacrifícios em meu altar, e cobrirei de esplendor a minha Casa gloriosa!

[8] E quem são estes que deslizam nos céus como nuvens, que voam como pombas para o seus ninhos?

[9] Em mim esperam as ilhas de todo o mundo, à frente vêm as embarcações mercantes, os navios de Tarshish, Társis, trazendo de longe os seus filhos, com muita prata e ouro, em honra a Yahweh, o seu Deus, o Santíssimo de Israel, porquanto ele te revestiu de glória e esplendor!

[10] Estrangeiros reconstruirão os teus muros caídos, e seus líderes e governantes a servirão. Foi com ira e indignação que Eu te feri; apesar disto, com amor misericordioso, demonstrarei graça e compaixão para contigo!

[11] As tuas portas permanecerão abertas; jamais serão fechadas, a fim de que dia e noite lhe tragam as riquezas das nações, com seus reis, governantes e comitivas.

[12] Em verdade, a nação e o reino que não te servirem perecerão sumariamente, serão absolutamente dizimados.

[13] A glória do Líbano virá a ti; chegarão também juntos o pinheiro, o cipreste e o zimbro; todos com o propósito de oferecer adoração ao local onde se situa o meu

NabaseShebha baya kuza begxalathelana, bepheth' igolide kunye nesiqhumiso, bebhengeza bedumisa uNdikhoyo.

[7]Zonke iigusha zakwaKedare zoba zezakho; wosebenzisa iinkunzi zeegusha zakwaNebhayoti. Zona ziya kutsho ngamadini amkelekileyo eqongeni lam; ndoyihombisa indlu yam enesihomo.

[8]Zinto zini ezi zibhabha njengamafu, ezi zingathi ngamahobe egoduka?

[9]Ziinqanawe ezivela emazweni, kukhokel' ezaseTashishe – nâzo zigodusa abantu bakaThixo. Beza bepheth' igolide nesiliva; ngazo badumisa igama likaNdikhoyo. Lowo ke nguThixo oyedwa kaSirayeli, yena unithe jize ngesihomo nesithozela.

[10]KwiJerusalem ke uNdikhoyo uthi: "Iindonga zakho zokwakhiwa ziintlanga, izikumkani zazo ke zona zikuququzelele. Kuba kaloku ndanohlwaya ngomsindo, ke ngoku ndiyimvuze-mvuze ngobubele.

[11]Amasango akho ohlala evulwe ng'aa! Imini nobusuku wona soze avalwe, ukuze abantu bakuzisele ubutyebi bezizwe, izikumkani zazo ziluludwe, zona zingumngcelele wabathinjwa.

[12]Ke sona isizwe ndawonye nookumkani bonke abangakubusiyo botshabalala; baya kuvuthululwa baphele tu.

[13]"Iqhayiya lamahlathi aseLebhanon loza kuwe, imithi yesipresi, umpleyini, nompayini, yoziswa kuhonjiswe ngayo indlu kaThixo, ukuze umzi wakhe undiliseke.

Templo; e Eu estarei presente e glorificarei todo lugar onde tocarem os meus pés.

[14] Os filhos dos teus opressores virão e se inclinarão diante de ti em sinal de reverência e submissão; todos quantos a desprezaram e humilharam, prostrar-se-ão aos teus pés, e a chamarão Cidade de Yahweh, o SENHOR; Tsión, Sião do Santo de Israel.

[15] E assim, em vez de abandonada e odiada, sem que ninguém a quisesse visitar e andar por suas terras, farei de ti um verdadeiro orgulho e júbilo para todas as gerações.

[16] Beberás o leite das nações e serás amamentada por mulheres ilustres. Então terás plena certeza que Eu, Yahweh, o SENHOR, sou o teu Salvador; o teu Redentor, o Poderoso de Jacó.

[17] Em vez de bronze Eu te trarei ouro fino, em lugar de ferro, a melhor prata. Em vez de madeira Eu te trarei bronze, e em lugar de pedras, o mais puro dos minérios. Farei da paz o teu único dominador; da justiça, a tua autoridade suprema.

[18] Em toda a tua terra não se tornará a falar em violência, tampouco em devastação e extermínio nas tuas fronteiras. Aos teus muros chamarás: Salvação, e aos teus portões: Louvor.

[19] Não terás mais a necessidade do sol para fornecer a luz do dia; nem precisarás do brilho do luar, porquanto Yahweh será a tua luz para sempre, e o teu Deus será a tua glória e teu esplendor eternamente.

[20] O teu sol não voltará a pôr-se, e a tua lua não minguará jamais, porque Yahweh será a

[14]Baya kuza abo babekade bekucinezela, bafike bakhahlele babuse kuwe. Nabo bonke abebekade bekudelile baya kuwisa kuwe bekhahlela, besithi wena usisixeko sikaNdikhoyo, iZiyon kaYedwa kaSirayeli.

[15]“Nangona ushiyiwe uthiyiwe, kungasekho bani udlulayo, ndiya kukwenza iqhayiya laphakade, uvuyo lwezizukulwana ngezizukulwana.

[16]Izizwe nezikumkani ziya kukuququzelela, zifane nomfazi okhulisa usana lwakhe. Nawe ke uya kutsho uqonde ukuba ndim mna Ndikhoyo okusindisileyo, wazi ukuba ngenene ukhululwe yiNgangalala enguThixo kaYakobi.

[17]Ndaweni yobhedu ndokunika igolide, ndaweni yentsimbi ndikunike isiliva; esikhundleni somthi ibe lubhedu, ndikunike intsimbi endaweni yelitye. Uya kuphathwa luxolo, ulawulwe bubulungisa.

[18]Ubundlobongela buya kuba yintsomi, imbubho nentshabalalo ziphele emideni yakho. Uya kubiyelwa ngosindiso, uvalwe ngendumiso.

[19]Emini awusayi kukhanyiselwa lilanga; ebusuku alisayi kubakho ilitha lenyanga; koko wokhanyiselwa bubungangamsha bam; mna Ndikhoyo ndokukhanyisela ngonaphakade.

[20]Awusayi kuphinda utshonelwe langa, nenyanga ayisayi kubuya iphele; uNdikhoyo

tua luz perene, e os teus dias de luto e amargura chegarão ao fim!

[21] Então todo o teu povo será constituído de pessoas justas, e possuirá a terra para sempre. Ele é, portanto, o Renovo que plantei, obra das minhas próprias mãos, a fim de manifestar ao mundo a minha Glória.

[22] O mais humilde dos indivíduos se tornará mil, o menor será uma grande e poderosa nação. Eu Sou Yahweh, o SENHOR, e no momento certo farei que isso tudo aconteça muito depressa!"

Isaías 61

A salvação é proclamada

[1] Eis que o Espírito de Yahweh, o Soberano, está sobre mim, porque o SENHOR me ungiu para anunciar a Boa Nova aos pobres. Enviou-me para cuidar dos que estão com o coração quebrantado, proclamar liberdade aos cativos e libertação do mundo das trevas aos prisioneiros da escuridão;

[2] para anunciar a todos o ano aceitável de Yahweh, e o Dia da vingança do nosso Deus; para consolar todos os que andam tristes,

[3] e dar a todos os que estão de luto e amargurados em Tsión, Sião, uma linda coroa em vez de cinzas; óleo de júbilo em vez de pranto, e um manto festivo de louvor em lugar de um espírito abatido. Eles serão chamados Carvalhos de Justiça, plantação de Yahweh para manifestação do esplendor da sua glória.

[4] Eles reconstruirão as velhas ruínas e restaurarão os antigos escombros;

wokukhanyisela nanini-nanini, ingaze ibuye ibekho imihla yesingqala.

[21]Abantu bakho boba ngabalungileyo, umhlaba bawume kude kube ngunaphakade. Bona basisithole esimiliselwe ndim; ewe, bangumsebenzi wezandla zam, ukuze babhengeze udumo lwam jikelele.

[22]Noyena ungathangani uya kuba njengomkhosi, kanti noyena ungazelwe nto woba sisizwe esomeleleyo. Lakufika ixesha le nto ndoyenza ngesiquphe, kuba kaloku mna ndinguNdikhoyo."

UIsaya 61

Iindaba ezimnandi zovuyo

[1]Ke mna ndonganyelwe nguMoya woMhlekazi uNdikhoyo, kuba kaloku uNdikhoyo undithambisile. Undithume ukubhengeza iindaba ezimnandi kumahlwempu, ndibophe abantliziyo zingamahlwili, ndibhengeze ukukhululeka kwabathinjwa, ndazise inkululeko kumabanjwa.

[2]Undithume ukuba ndivakalise ndithi uthwasile unyaka wobabalo lukaNdikhoyo, umhla wempindezelo yoThixo wethu. Uthi mandithuthuzele abo banesingqala;

[3]ewe, abo banesingqala eZiyon mandibathi jize ngesithsaba endaweni yezimnyama, intambiso yolonwabo endaweni yokulila, ndibathi wambu ngengoma yochulumacho endaweni yomva-ndedwa. Kaloku bona kothiwa bayimithi yobulungisa, imithi etyalwe nguNdikhoyo ngokwakhe, ukuze baphuhlise isihomo sakhe.

[4]Bona baya kuzivusa izixeko zamandulo, bawavumbulule namabhodlo asel' adilizwa.

renovarão as cidades assoladas que têm sido destruídas de geração em geração.

5 Estrangeiros estarão ai para apascentar os vossos rebanhos; pessoas de outras nações trabalharão em vossos campos e vinhas.

6 Contudo, sereis chamados sacerdotes de Yahweh, ministros do nosso Deus. Alimentar-vos-eis das riquezas das nações; haveis de suceder-lhes na sua glória.

7 Em lugar da vergonha que tendes sofrido, tereis porção dobrada de honra, em vez de humilhação, bradareis de júbilo em vossa herança; porquanto recebereis porção dupla em sua terra, e terás alegria eterna.

8 “Com efeito, Eu, Yahweh, que amo o direito e detesto o desonestidade, o roubo e toda a malignidade, lhes darei fielmente a sua recompensa e estabelecerei com eles uma Aliança por toda a eternidade.

9 A sua posteridade será conhecida entre as nações, a sua descendência no meio dos povos. Todos aqueles que os virem reconhecerão que eles são um povo abençoado por Yahweh”

10 Transbordo de alegria em Yahweh, o SENHOR, a minha alma se regozija no meu Deus, porque ele me vestiu com as vestes da Salvação, cobriu-me com o manto da Justiça, como um noivo que se adorna com uma coroa sacerdotal, qual noiva que se enfeita com as mais ricas jóias.

Baya kuzakha izixeko esezingamabobosi, ezo zatshatyalaliswa kwizizukulwana ezadlulayo.

5Ke zona iintlanga ziya kwalusa imihlambi yenu, zilime amasimi, zijonge nezidiliya zenu.

6Ke nina noba ngababingeleli bakaNdikhoyo; niya kuba zizicaka zikaThixo wethu; niya kubuxhamla ubutyebi bezizwe, nitsho nizingce niqhayise ngabo.

7Endaweni yokuhlazeka abantu bam bofumana isabelo esiphinda-phindiweyo, endaweni yokunyoshoza bofumana ilifa elonwabisayo; ewe, boba nenxaxheba yelifa eliphinda-phindiweyo kwelakowabo, bahlale ngolonwabo olungasoze luthini.

8Ke yena uNdikhoyo uthi: “Mna Ndikhoyo ndithanda impatho enolungelelwano; ndikuthiyile ukuphanga nobubhovu-bhovu. Ndingothembekileyo nje, abantu bam ndobanika umvuzo, ndibenzele umnqophiso ongasoz' uthini.

9Isizukulwana sabo soba ngoodumezweni, inzala yabo yaziwe naziintlanga. Bonke abababonayo baya kuvuma bathi: ‘Luhlanga oluthamsanqelweyo nguNdikhoyo.’ ”

10Nditsho ndanemihlali ngenxa kaNdikhoyo; umoya wam uyachulumacha ngoThixo wam. Kaloku undithe wambu ngomnweba wosindiso, ewe, yena undambathise isivatho sobulungisa, ndatsho ndanjengomyeni eqhoqhonye intloko yakhe njengombingeleli, ndanjengomtshakazi ozihombisa ngobuyoko-yoko bamaso.

[11] Porque, assim como a terra faz brotar a planta e o jardim faz germinar a semente, assim o Soberano, Yahweh, fará nascer a justiça e o louvor diante de todas as nações!

Isaías 62

A glória futura de Jerusalém

[1] Por meu amor misericordioso para com Tsión, Sião, não deixarei de agir, por compaixão a Jerusalém não descansarei enquanto a sua justiça não resplandecer como o romper da aurora, e a sua salvação como as chamas de uma grande tocha.

[2] Eis que as nações contemplarão a sua justiça, e todos os reis e governantes da terra, a sua glória; tu, ó Israel, serás chamada por um novo nome que a própria boca de Yahweh te conferirá!

[3] Serás um maravilhoso diadema nas mãos do Eterno, uma coroa real na mão do seu Deus.

[4] Ó Israel, tua terra não mais será chamada "Desprezada" nem "Abandonada". Tu serás honrada e chamada Hefzibá, O Meu Prazer Nela Está; e sua terra: Beulá, Casada, porquanto o SENHOR terá grande prazer em ti, e a tua terra estará desposada!

[5] Do mesmo modo como um jovem se casa com sua noiva, assim teus filhos se casarão contigo; e, da mesma maneira como o noivo se alegra da noiva, assim também o teu Deus se alegrará de ti.

[6] Ó Jerusalém, coloquei sentinelas sobre os teus muros, que jamais deixarão de estar atentos, dia e noite, sem descansar. Para vós, vigias, que clamais incessantemente a Yahweh, não há trégua!

[11]Kwanjengokuba umhlaba uyintshulisa imbewu, zitsho zikhule nezityalo ezisemyezweni, noMhlekazi uNdikhoyo wotyala ubulungisa nendumiso, zintshule zikhule kuzo zonke izizwe.

UIsaya 62

Igama elitsha leZiyon

[1]Ngenxa yeZiyon andinakuthi cwaka, ngenxa yeJerusalem andinakuthi tu, bude ubulungisa bayo butshisele njengomsobomvu, lude usindiso lwayo lukhanye njengesibane.

[2]Izizwe zobubona ubulungisa bakhe, nabo bonke ookumkani baluqonde udumo lwakho. Ewe, uya kufumana igama elitsha oya kulinikwa nguNdikhoyo ngokwakhe.

[3]KuNdikhoyo uya kuba sesingayiwayo isithsaba; kuThixo wakho uya kuba yindwe yezinxiba-mxhaka.

[4]Akusayi kuthiwa ungumshiywa, umhlaba wakho kuthiwe yinkangala. Kaloku kuya kuthiwa unguKholisile, umhlaba wakho kuthiwe nguManyiwe. Kaloku uNdikhoyo wanelisekile nguwe; wozimanya neli lizwe ngokomyeni.

[5]Kwanjengokuba umfana ethatha intombi noonyana bakho baya kukuthatha; njengokuba umyeni engaziva ngomtshakazi noThixo wakho akayi kuziva ngawe.

[6]Wena Jerusalem, ndokujikeleza ngabalindi; imini nobusuku bayo bona soze bathi cwaka. Nina ke, balindi, nina nimkhumbuzayo uNdikhoyo ngezithembiso zakhe, ze ningaphumli,

[7] Também não deixes que o Eterno descanse, até que tenha reconstruído Jerusalém, fazendo dela uma cidade elogiada no mundo todo.

[8] Yahweh jurou pela sua destra e pelo seu braço forte: “Não tornarei a dar o teu trigo como alimento aos teus inimigos, nem os estrangeiros tornarão a beber do teu vinho, aquele com que tu te afadigaste produzindo.

[9] Entretanto, aqueles que ceifaram o trigo o comerão, louvando a Yahweh, aqueles que juntaram as uvas delas beberão alegremente nos pátios do meu Templo, os meus átrios sagrados!”

[10] Passai, passai pelos portões! Preparai um caminho para o meu povo. Construí, construí a estrada, removei as pedras. Erguei uma bandeira para as nações!

[11] Em verdade, Yahweh faz ouvir a sua voz até os confins da terra: “Dizei à Filha, cidade de Sião: Eis que o teu Salvador está chegando, eis com ele a sua recompensa e o seu galardão está seguro em sua mão.

[12] Eles serão chamados “Povo Santo”, “Redimidos de Yahweh”; e tu serás chamada “Querida”, “Cidade Não Desprezada”!

Isaías 63

Deus salva e vinga o seu povo

[1] Quem é este que vem de Edom, que vem de Bozra, com as roupas fulgurantes, mas manchadas de vermelho? Quem é este que envolto em um esplendoroso manto, marcha a passos largos na grandeza de sua força? “Sou eu! Eu que promovo o Direito! Eu, que sou poderoso para salvar!”

[7]noNdikhoyo ngokwakhe ningamphumzi, ade yena ayimisele iJerusalem ibe sisixeko esidunyiswa lihlabathi jikelele.

[8]UNdikhoyo ke yena wenze isifungo; ngamandla akhe uya kusifezekisa: “Ingqolowa yakho ayiyi kuphinda ibe sisisulu seentshaba zakho, iintlanga azisayi kuyisela iwayini yakho, yona leyo ubulaleke wedwa ngayo,

[9]kodwa abo bayihlwayeleyo boyivuna – baya kuyitya badumise uNdikhoyo ngayo; ewe, abo bayiqokelelayo idiliya bosela iwayini enkundleni yendlu kaThixo.”

[10]Nina maJerusalem, phumani esixekweni, niye kuhlahlela abantu indlela; gqalan' amatye nivule, nitsho ngohola, nimise imbasa, nezizwe zitsho ziqonde.

[11]UNdikhoyo ke wenze isihlokomiso kwihlabathi jikelele: “Yithi kwintombi enguZiyon: ‘Uyambona, nanko esiza uMsindisi wakho! Nanko ekuphathel' umvuzo; uza egushe imbuyekezo.’ ”

[12]Bantu abo kothiwa ngabakhethekileyo, uhlanga olukhululwe nguNdikhoyo; iJerusalem ke kuthiwe nguThandiwe, isixeko esingashiywanga sikhal' ibhungane.

UIsaya 63

Impindezelo nosindiso lukaNdikhoyo

[1]Ngubani na lo uthi gqi kwaEdom? Ngubani na lo uthi nyalulu ngaseBhozera, lo uvathileyo, utsho ngezimfusa, lo unyalasa ngesidima nondiliseko? “Ndim kanye mna ndisindisa ngegunya; ndiyavakalisa ndibhengeza uloyiso.”

[2] Mas, por que essa cor vermelha do teu traje? Por que as tuas vestes se parecem com as de alguém que tenha pisado a uva no lagar?

[3] "Só pisei uvas no lagar; ninguém dentre todos os povos esteve comigo. Eu as pisoteei na minha ira; movido por toda a indignação que senti Eu as esmaguei; e o sangue delas respingou na minha roupa, e as minhas vestes ficaram tingidas.

[4] Em verdade, havia decidido pelo Dia da Vingança, alimentei-o em meu coração, e chegou o Ano da minha Redenção.

[5] Observei, e sequer vislumbrei uma pessoa para me apoiar! Por este motivo o meu próprio braço cooperou comigo, e na minha cólera deu-me sua ajuda.

[6] Na minha ira calquei aos pés todas as nações; na minha indignação Eu as embebedei e derramei sobre a terra o sangue delas."

Ações de graças, confissões e súplicas do povo de Deus

[7] Agora, pois, hei de proclamar a bondade de Yahweh; falarei dos seus portentosos feitos, e darei louvores por tudo o que o SENHOR fez por nós; sim, de quanto bem ele proporcionou à nação de Israel, de acordo com o seu amor misericordioso e a grandeza da sua compaixão e bondade.

[8] "Ora, sem dúvida eles são o meu povo amado", declara ele; "são os filhos que não serão desleais, não me trairão!"; e assim ele se tonou o Salvador deles.

[9] Em todas as agruras e crises do seu povo ele também se afligiu, e o Anjo da sua presença os salvou. Em sua extrema compaixão e em seu amor misericordioso

[2]Kutheni zibomvu nje iimpahla zakho, le nto ngathi zezabaxovula iidiliya?

[3] UNdikhoyo ke yena uthi: "Izizwe mna ndizixovule njengeediliya, kungekho namnye weza kundincedisa; ndazixangxatha ngeenyawo ndinomsindo, latsaza igazi lazo, landitsho ndankone.

[4]Umhla wokuziphindezela wandifikela, yaye ixesha lokukhulula abantu bam lithwasile.

[5]Ndaba ngathalaza, akwabikho undisizayo; ndamangaliseka kwakungabikho uxhasayo. Ngoko ke ndazizuzela uloyiso ngokwam; ewe, ndaxhaswa yingqumbo yam.

[6]Emsindweni ke mna ndazinyhasha izizwe; ewe, mna ndazitsho zagxadazela, igazi lazo ndaligalela emhlabeni."

Umthandazo nombulelo

[7]Ndiya kuthetha ngezibele zikaNdikhoyo; ndiya kumncoma ndimbonge ngemisebenzi yakhe, ngenxa yeentsikelelo zakhe kuSirayeli, nangenxa yenceba amthululele yona – ezingako zona izibele zothando lwakhe.

[8]Ewe, uNdikhoyo suka wathi: "Bona ngabantu bam ncakasana; lusapho lwam, soze bandiqhathe." Ngoko ke suka yena wabahlangula.

[9]Embandezelweni yabo akachasananga nabo, basindiswa bubukho besithunywa sakhe. Ngenxa yothando novelwano yena wabakhulula; ewe, yena wabaphakamisa

ele os resgatou; foi ele que sempre os acompanhou e os conduziu nos tempos passados.

10 Mas eles se rebelaram e magoaram o seu Espírito Santo. Foi então que ele teve que agir como inimigo deles e lutou pessoalmente contra eles.

11 Assim, o seu povo parou para refletir sobre o passado, Moisés e a sua geração foram lembrados: Onde está aquele que os fez caminhar através do mar, com os pastores do seu rebanho? Onde está aquele que entre seu povo colocou o seu Espírito Santo?

12 Aquele que esteve à mão direita de Moisés, socorrendo-o mediante seu glorioso braço; e que dividiu as águas diante de todos a fim de que seu Nome fosse lembrado por toda a eternidade,

13 e conduziu sua gente através das profundezas? Como o cavalo galopando em campo aberto, eles não tropeçaram;

14 como o gado que desce para o vale, assim o Espírito de Yahweh os conduziu para o repouso. Assim guiaste o teu povo, fazendo para ti um Nome glorioso.

15 Olha desde os altos céus, da tua habitação no universo, santa e majestosa e vê; onde estão o teu zelo e o teu poder? Retiveste a tua bondade e a tua misericórdia; eis que já sentimos falta destas tuas virtudes!

wabalondoloza, wahamba nabo ngayo yonke loo mihla yamandulo.

10Phi ke, basuka bamvukela nje! Ewe, bangcungcuthekisa uMoya wakhe oyiNgcwele. Suka ke yena waba lutshaba lwabo, waza ke walwa nabo ngokwakhe.

11Bada ke bona bayikhumbula imihla yamandulo; leyo ke yimihla kaMosis nabantu bakhe. Bakhalaza ke ngoko bathi: "Uphi ke ngoku lowo wabawezayo elwandle, ekhokela umhlambi nomalusi wawo? Yaz'ba uphi na ke ngoku uNdikhoyo, yena wabambesa ngoMoya wakhe oyiNgcwele?

12Ngobungangamsha bakhe wamomeleza wamxhasa uMosis, wawahlula-hlula amanzi phambi kwabo, waza wazenzela igama elingasoze litshitshe.

13Yena wabakhokela bacanda inzonzobila, baqhathula njengehashe entlango, babetha kuhle, abaze bakhubeke.

14Baba njengeenkomo eziya kwisithabazi samadlelo, wenjenjalo uMoya kaNdikhoyo ukubaphumza. Wabakhokela ngaloo ndlela ke abantu bakho, ndlela leyo ke yakwenzela igama."

Ukuzibika

15Usezulwini apho, Ndikhoyo, khawuthob' amehlo; khawukrwaqule ukwelo khaya lesidima nobungcwele. Kodwa-kodwa ngani ukuba ungakhweleti? Khona ke aphi amandla akho? Iphi ke imfobe novelwano lwakho? Hayi kaloku, nceda sukusifulathela!

[16] Contudo, tu és o nosso Abba, Pai. Ainda que Abraão não nos conhecesse e Israel não tomasse conhecimento de nós; tu, Yahweh, és o nosso Abba, Pai, e desde a antiguidade és reconhecido entre nós e teu nome é: “Nosso Redentor”

[17] Ó Yahweh, por que nos fazes andar longe dos teus caminhos? Por que petrificas os nossos corações a fim de que não te amemos com amor reverente e obediente? Volta SENHOR! Por compaixão dos teus servos e das tribos da tua herança!

[18] Por pouco tempo o teu povo santo possuiu o teu santo lugar; logo em seguida os nossos adversários pisotearam o teu Templo.

[19] Ora, somos teus desde os tempos antigos, mas aqueles tu não os acompanhaste de perto, nem os guiaste; porquanto não foram jamais chamados pelo teu Nome!

Isaías 64

[1] Ó SENHOR, quão bom seria se fendesses os céus e descestes, e os montes de todo o mundo estremecessem diante da tua presença!

[2] Como quando o fogo acende os gravetos e faz a água ferver, para que os teus inimigos conhecessem o teu Nome, e as nações ficassem impactadas pela tua presença.

[3] Porque, quando fizeste sinais magníficos, eventos que não esperávamos, desceste, e os montes se abalaram grandemente diante de ti.

[4] Desde a antiguidade não se ouviu, nem se percebeu, tampouco escutou-se comentários; nem olho algum sequer

[16]Kaloku wena unguTata wethu, nakuba singaziwa nje nguAbraham; ukanti noSirayeli akasihoyi. Kambe ke wena, Ndikhoyo, unguBawo; wena waba nguMkhululi wethu kwamandulo.

[17]Usiyekelani kodwa, siphambuke endleleni yakho, Ndikhoyo? Ngani ukuba usiyeke sinkanize kangaka, side siphelelwe ziintloni nakukukoyika? Buyela kuthi, thina zicaka zakho; sincede, thina zizwe zililifa lakho.

[18]Indlu yakho eyodwa yaba yeyabantu bakho umzuzwana, suka ke zona iintshaba zayidobonga zayidiliza.

[19]Ngoku thina sesifana nâbo bangaziwayo nguwe, abo ungazange wabalawula; ewe, sesifana nabangazange babizwe ngawe.

UIsaya 64

[1]Akwaba ubungawakrazul' amazulu, uhle esibhakabhakeni, khon' ukuze neentaba zitsho zinyikime,

[2]kutsho kube ngathi ngumlilo weentsasa, kube ngathi ngumlilo ubilisa amanzi. Yiza, zitsho neentshaba zakho zikuqonde, nezizwe zitsho zingcangcazele kukoyika,

[3]“Iilwimi zabo zitsawula ubuxoki okwesaphetha. Ilizwe longanyelwe bubumenemene; ayikho intembeko. Basuka bongeze ububi phezu kobubi. Kodwa mna abandazi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[4] Muito cuidado a quem confias a tua amizade; nem mesmo teus parentes merecem o teu crédito. Afinal, cada parente se tornou um enganador e cada amigo um caluniador.

[4]“Balumkele kwa-abahlobo, ungathembi nkqu nomntakwenu lo, kuba bonke abantakwenu ngamamenemene, abahlobo bayahleba xa bebonke.

[5] Cada um engana o seu próximo e ninguém fala a verdade; treinaram a língua para falar a mentira e estão ocupados demais para refletirem sobre seus pecados e se converterem.

[5]Ewe, abahlobo bayakhohlisana; akukho uthetha inyaniso. Baziqhelisa ukuthetha ubuxoki, bawaqobe amandla abo ngokona.

[6] Opressão sobre opressão, engano sobre engano. Eles se recusam a reconhecer-me!” Oráculo de Yahweh.

[6]Inene, umi phakathi kwabantu abakhohlisayo; ngenkohliso yabo abavumi ukundazi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[7] Portanto assim declara Yahweh, o Todo-Poderoso dos Exércitos: “Eu os refinarei e provarei; de que outra maneira procederia com a Filha do meu povo?

[7]Ke ngoko utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Ngenxa yale nto abantu bam ndiza kubahluza, ndibavavanye. Akukho ndlela yimbi ngenxa yesono sabo.

[8] A língua deles é uma flecha mortífera. As palavras da sua boca são enganosas. Cada um profere palavras de paz com o seu próximo, mas no coração arma-lhe ciladas.

[8]Lutolo oluhlabaniselayo ulwimi lwabo; luthetha inkohliso. Bayamqhatha ummelwane ngeentetho zabo, ukanti ezintliziyweni zabo bamcuphile.

[9] Porventura não os castigarei por causa disso?” Indaga o SENHOR. “Não me vingarei de uma nação como esta?”

[9]Mandingabohlwayi ke ngenxa yale nto? Mandingaziphindezeli kubantu abanje?” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[10] Chorarei e levantarei o meu pranto pelos montes e minha lamentação, pelas pastagens do deserto; porque já estão queimadas, de modo que ninguém consegue passar por elas; nem se ouve mugido de gado; tanto as aves do céu como os animais fugiram e se foram.

[10]Mna ndiza kugixa, ndililele iintaba, ndizile, kuba amadlelo atshile, akusekho bani uhamba kuwo, akusanxakami nankomo. Iintaka zibalekile, neenyamakazi zimkile.

[11] Farei de Jerusalém montões de escombros, uma habitação de chacais. Arrasarei as cidades de Judá até não sobrar nenhum morador!”

[11]“IJerusalem ndiza kuyitsho ibe ngamabhodlo nesikhundla soodyakalashe, ndizitshabalalise iidolophu zakwaJuda, kungahlali bani khona.” Utsho uNdikhoyo.

[12] Quem é sábio para compreender tudo isso? A quem a boca de Yahweh o revelou, a fim de que possa interpretar Deus? Por que motivo a terra está devastada e estéril como um deserto, de modo que ninguém ousa atravessá-la?

[12]Sisiphi na isilumko esinokuyiqonda le nto? Ngubani oyixelelweyo nguNdikhoyo onokuyichazela abanye? Kungani ukuba lo mhlaba utshatyalaliswe, ube ngumqwebedu wentlango engenakuhanjwa bani?

[13] Então respondeu Yahweh: “Ora, tudo isso lhes sobreveio porque abandonaram a minha lei, que estabeleci diante deles, e não deram atenção nem obedeceram às minhas orientações;

[13]UNdikhoyo uthi: “Bawutyeshele umyalelo wam endabanika wona, àbalithobela ilizwi lam ukuze bahambe ngalo,

[14] pelo contrário, andaram na rebeldia de seu coração, seguindo baalins, como seus pais lhes ensinaram.

[14]koko basuka bona balandela iintliziyo zabo ezinenkani, balandela iindlela zooBhali abazifunda kooyise.”

[15] Portanto, assim diz Yahweh dos Exércitos, Deus de Israel: “Darei a este povo comida amarga e água envenenada.

[16] Também os espalharei por entre nações que nem eles nem seus pais conheceram; enviarei contra eles a espada, até que os tenha exterminado.

[17] Assim diz o Eterno dos Exércitos: “Considerai e chamai as mulheres pagas para chorar, para que venham depressa; trazei as mulheres mais sensíveis e hábeis nesta arte.

[18] Que elas se apressem e levantem seu lamento sobre nós, para que nossos olhos se derretam em lágrimas e das nossas pálpebras escoem todas as águas da dor.

[19] Porque de Tsión, Sião, se ouviu uma grande voz de lamento: ‘Ai, como estamos arruinados! Sentimos-nos por demais humilhados, muito envergonhados, porque tivemos que abandonar a nossa terra, e nossas casas estão em ruínas!’”

[20] Ó mulheres, escutai neste momento a Palavra do SENHOR; dai toda a vossa atenção às palavras que procedem da boca de Yahweh! Ensinai, pois, vossas filhas a lamentar-se; ensinai umas as outras a prantear.

[21] Pois a morte subiu pelas nossas janelas e entrou em nossos palácios, exterminando as crianças das ruas e os rapazes de suas alegres reuniões nas praças.

[22] “Prega: Assim declara o SENHOR: Cadáveres ficarão estirados como esterco

[15]Ke ngoko utsho uSomandla-onke uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli ukuthi: “Aba bantu ndiza kubanika ukutya okunedliso, ndibaseze amanzi anetyhefu.

[16]Ndiza kubathi saa phakathi kweentlanga abangazaziyo, ezingaziwayo nangooyise, ndibasukele ngekrele ndide ndibatshabalalise.”

Isililo eZiyon

[17]Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: “Qiqani! Memani abafazi bokuzila, nditsho awona amacikokazi, bahlabele iingoma zesililo.

[18]Mabakhawulezise batsho ngesililo, side sintywizise iinyembezi, de amehlo ethu aphalale zizo.

[19]Phulaphulani, isililo sivela eZiyon sisithi: ‘Awu! Safa saphela! Hayi, ihlazo esikulo! Salishiya ilizwe lakowethu; izindlu zethu zidiliziwe.’ ”

[20]Bafazindini, liveni ilizwi likaNdikhoyo. Wabekeleni iindlebe amazwi omlomo wakhe. Fundisani iintombi zenu isimbonono; fundisanani ingoma yesililo.

[21]Ukufa kuthubeleze ngeefestile kwatsho phakathi ezindlwini ezinqatyisiweyo; kubanqunqele phantsi abantwana besadlal' esitalatweni, kwabachitha-chitha abafana ezimbuthweni.

[22]Kanti ngaphezu koko uNdikhoyo uthi mandithi: “Izidumbu ziya kudunduluza

em campo aberto, como o trigo deixado para trás pelos ceifeiros, sem que ninguém retorne para juntar o que ficou pelo chão."

[23] Assim diz Yahweh: "Não se glorie o sábio na sua sabedoria, nem o forte no seu poder, nem o rico nas suas riquezas.

[24] Mas quem se gloriar, glorie-se nisto: em conhecer-me e compreender-me, pois Eu Sou Yahweh, o SENHOR, e ajo com lealdade, com justiça e com retidão sobre a terra, porquanto são essas as virtudes nas quais tenho grande prazer!" Assevera o Eterno.

[25] "Eis que se aproximam os dias", declara Yahweh, "em que castigarei todos os que são circuncidados apenas no corpo,

[26] como de igual forma o Egito, Judá, Edom, Amom, Moabe e todos os que rapam a cabeça ou prendem o cabelo junto à testa e habitam no deserto; porquanto todas essas nações são incircuncisas e a Casa de Israel tem o coração extremamente teimoso, sendo incircuncisa de coração!"

Jeremias 10

Os ídolos e o Senhor

[1] Agora, pois, escutai bem a Palavra que vos fala Yahweh, ó Casa de Israel!

[2] Assim diz o SENHOR: "Não aprendais o caminho das nações, tampouco vos espanteis com os muitos sinais no céu; porque é por meio deles que os pagãos são atemorizados.

[3] Ora, os costumes religiosos das nações são inúteis: corta-se uma árvore da floresta, um artista a modela com suas ferramentas;

emadlelweni okwamalongwe, njengengqolowa esikwe yashiywa ngumvuni ingenabani wakuyiqokelela."

[23]Uthi uNdikhoyo: "Isilumko masingaqhayisi ngobulumko baso; igorha malingaqhayisi ngobugorha balo; nesihandiba masingazidli ngobutyebi baso.

[24]Ke lowo uqhayisayo makaqhayise ngokundazi nokundiqonda; kuba mna ndinguNdikhoyo owenza izibele emhlabeni, nokulungileyo, nobulungisa. Nazo ke izinto ezindikholisayo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[25]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Niyabona, iyeza imihla endiya kubohlwaya ngayo kwanabo bolukileyo enyameni.

[26]Ndiza kuwohlwaya amaJiputa, namaJuda, namaEdom, nama-Amon, namaMowabhi, kwanâbo bangabemi basentlango abanwele zichetyiweyo ezintlafunweni. Kaloku zonke ezi ntlanga enyanisweni azalukanga. Nkqu indlu kaSirayeli iyonke ayalukanga entliziyweni."

UJeremiya 10

UNdikhoyo nezithixo

[1]Libekeleni iindlebe ilizwi likaNdikhoyo, nina bantu bakwaSirayeli.

[2]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Musani ukulinganisa inkqubo yezinye iintlanga; musani ukothuswa yimiqondiso esesibhakabhakeni, naxa zona zisothuka iintlanga.

[3]Amasiko eentlanga angamampunge nje. Bagawula umthi ehlathini, ziwuqingqe ngesixholo iingcibi,

[4] enfeitam-na com prata e ouro, prendendo tudo com martelo e pregos, para que não balance e caia ao chão.
[5] E, como um espantalho postado em uma plantação de pepinos, os ídolos ficam calados e imóveis; eles são incapazes de falar e têm que ser transportados, porquanto não conseguem dar um passo sozinhos. Sendo assim, não tenhais medo deles, pois não podem fazer qualquer mal ou bem a quem quer que seja."
[6] Não existe ninguém semelhante a ti, ó SENHOR; és Grande, e magnífico é o poder do teu Nome.
[7] Quem não te temerá, ó Rei das nações? Pois a ti se deve o amor reverente, que é o temor do SENHOR; porquanto entre todos os sábios das nações, e em todos os seus reinos não existe nada nem ninguém que se possa comparar a tua pessoa.
[8] Mas todos eles são insensatos e loucos; acreditam que podem ser orientados por ídolos de pau.
[9] Trazem prata batida de Társis da melhor qualidade e ouro puro de Ufaz; a obra do artista e do ourives então é vestida de azul violeta e vermelho escarlate, mas tudo não passa de uma obra feita pelas mãos hábeis do artesão e do fundidor.
[10] Entretanto, o SENHOR é o Deus verdadeiro, Yahweh é o Deus vivo; o rei Eterno. Quando ele se ira, toda a terra treme, as nações não podem suportar o seu furor.
[11] "Assim lhes direis: Os deuses que não fizeram os céus e a terra, desaparecerão do mundo e de sob os céus!"

[4]uhonjiswe ngesiliva nangegolide, ubethelelwe ngezikhonkwane ukuze ungagungqi.

[5] Oothixo abanjalo bafana nonomgogwana oxhonywe entsimini yentyabontyi: abakwazi kuthetha, bayathwalwa kuba abakwazi kuhamba. Musani ukuboyika: akukho nto imbi banganenza yona, kungekho nanto banokunceda ngayo."

[6]Ngubani onjengawe, Ndikhoyo? Umkhulu wena; igama lakho lithe ndii, lidume ngobungangamsha.

[7]Ngubani ongakuhloneliyo, wena Kumkani weentlanga? Ewe, ufanelwe yimbeko; akakho onjengawe, nditsho phakathi kwezilumko naphakathi kwezizwe nookumkani bazo.

[8]Ziziyatha nezityhifili xa bebonke; bangafundiswa ntoni ngoothixo abaqingqwe ngomthi?

[9]Baqingqwe ngesiliva yaseTashishe, nangegolide evela eUfazi. Okuxhonkxwe ziingcibi nabakhandi kwambeswa ngeengubo ezibomvu nezimfusa ezalukwe ngamagcisa.

[10]Kodwa nguNdikhoyo onguThixo ngenene; yena unguThixo ophilayo, uKumkani oya kuhlala ehleli. Akuqumba yena umhlaba uyankwantya; izizwe azinakumelana nengqumbo yakhe.

([11]"Baxelele uthi: 'Abo thixo bangalidalanga izulu nomhlaba, baza kubhanga emhlabeni naphantsi kwezulu.' ")

[12] Mas foi Deus quem pensou e formou a terra por meio do seu poder, e firmou o mundo com a sua sabedoria. Foi o Eterno quem estendeu os céus mediante seu entendimento.

[13] Ao som do seu trovão, as águas no céu rugem, e formam as nuvens desde os confins da terra. Ele faz os relâmpagos para a chuva e dos seus armazéns despacha os ventos.

[14] Todo ser humano é ignorante e não tem entendimento; todo fundidor é humilhado pela própria imagem que esculpe, porquanto as imagens que funde são falsas e nelas não há o fôlego da vida.

[15] São inúteis, são objetos de zombaria. Quando chegar o dia do julgamento delas, serão condenadas sumariamente e perecerão.

[16] Aquele que é a porção de Jacó nem se compara a essas imagens, pois ele é quem forma tudo o que existe e Israel é a tribo de sua herança. Yahweh dos Exércitos é o seu Nome.

[17] Reúne tudo que é teu e consegues carregar, prepara-te para abandonar a tua terra que já está sitiada.

[18] Pois assim diz Yahweh: "Desta vez lançarei fora os moradores desta terra e lhes trarei sofrimento, aflição e sereis capturados!"

[19] Ai de mim! Estou muito ferido! E o meu ferimento não tem cura! Esta, pois, é minha enfermidade e tenho que suportá-la.

Ukubongwa kukaNdikhoyo

[12]Ke yena uNdikhoyo ulidale ngamandla akhe ihlabathi, walizinzisa ngobulumko ilizwe, wasitwabulula ngengqondo isibhakabhaka.

[13]Uthi akuduma kuyaluzele amanzi asesibhakabhakeni, kufunquke amafu emaphethelweni omhlaba. Uthumela umbane kunye nemvula, athulule umoya koovimba bakhe.

[14]Bonke ziziyatha ezingenalwazi. Ababumbi boothixo bayahlazeka ngezithixo zabo, kuba oothixo abababumbayo bayinkohliso, kuba abanawo umphefumlo.

[15]Zizinto ezingento, izinto zokuphoxisa, izinto eziya kubhanga ngemini yomgwebo.

[16]Akanjengabo yena uNxaxheba kaYakobi: nguye owabumba iinto zonke. AmaSirayeli ngabantu bakhe ncakasana. USomandla-onke nguNdikhoyo igama lakhe.

Ukufuduswa

[17]Qokelela umthwalo wakho, ulungele ukufuduka, wena uhleli ekungqingweni.

[18]Uthi uNdikhoyo: "Ndiza kubalahlela phandle, ndibazisele inkxwaleko, basiwe ekuthinjweni."

[19]Athi ke mna, ukwenzakala kwam! Amanxeba am akanakuphila. Ke mna bendisithi: "Sisifo sam esi; mandisinyamezele."

[20] A minha tenda foi destruída; todas as cordas da minha barraca estão arrebentadas. Os meus filhos me deixaram e já não existem; não sobrou ninguém para armar a minha tenda e levantar as lonas.
[21] Porquanto os pastores são insensatos e não buscaram a orientação de Yahweh; por isso não prosperaram, e todos os seus rebanhos se dispersaram.
[22] Estão chegando rumores, um grande tumulto da terra do Norte, para fazer das cidades de Judá uma devastação, uma morada de chacais.
[23] Ó SENHOR, eu sei que ao homem não pertence seu próprio caminho, nem lhe compete traçar seus passos.
[24] Corrige-me, ó Yahweh, mas com justiça e compaixão, não na tua ira, para que não me aniquiles e eu seja reduzido a nada.

[25] Derrama a tua ira sobre as nações que não te conhecem e sobre os povos que não invocam Jacó; sim, eles o devoram. Eis que o consumiram, e assolaram a sua terra.

Jeremias 11

O pacto é violado

[1] Eis a Palavra que veio a Jeremias, da parte de Yahweh, o SENHOR:
[2] Escutai bem os termos desta Aliança e repeti-os a todo povo de Judá e aos habitantes de Jerusalém.
[3] Dizei-lhes, portanto: “Assim diz o SENHOR, o Deus Eterno de Israel: Maldito o homem que não der ouvidos às palavras dessa Aliança,
[4] que ordenei a vossos antepassados no dia em que os libertei da terra do Egito, da

[20]Intente yam ibhukuqiwe; sele kuqhawuke nezo ntambo zayo. Bemkile oonyana bam; akusekho namnye useleyo. Akukho nokuba abe mnye onokuvusa intente yam; akukho namnye wokuxhoma umkhusane.
[21]Abelusi baba bantu ziziyatha, ababuzi nto kuNdikhoyo. Yiyo loo nto bengenampumelelo nje, nemihlambi yabo ithe qhu saa.
[22]Phulaphulani, kufika udaba. Kuvakala intshukumo ivela ngasentla. Luza kutsho kube senkangala kwiidolophu zakwaJuda, zitsho zibe zizikhundla zoodyakalashe.
[23]Ndikhoyo, ndiyazi ukuba akukho bani ulawula ikamva lakhe, nokuba akukho mntu uphethe ubomi bakhe.
[24]Ndiluleke, Ndikhoyo, kodwa kube ngobulungisa, kungabi ngomsindo wakho, hleze ndingabi nto.
[25]Ingqumbo yakho yikhuphele kwiintlanga ezingakuvumiyo, naphezu kwezizwe ezingalinquliyo igama lakho, kuba zimdlile uYakobi zamgqiba, aza amadlelo akhe aba yinkangala.

UJeremiya 11

Ukwaphulwa komnqophiso

[1]Nali ilizwi elamfikelayo uJeremiya livela kuNdikhoyo:
[2]“Phulaphula le miqathango yomnqophiso, uyixelele abantu bakwaJuda kunye nabo bonke abemi baseJerusalem.
[3]Yithi kubo utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: Uqalekisiwe lowo mntu ungayithobeliyo imiqathango yomnqophiso,
[4]leyo ndayiwisela ooyihlo-mkhulu mhla ndabakhupha eJiputa, ilizwe

fornalha de fundição de ferro e lhes dei esta palavra: 'Ouvi a minha voz e fazei tudo de acordo com o que vos ordeno; assim sereis o meu povo, e Eu serei o vosso Deus.

elalinjengeziko lokunyibilikisa isinyithi kubo. Ndathi kubo: 'Ndiphulaphuleni, nenze konke endiniyalela kona, khon' ukuze nibe ngabantu bam, nam ndibe nguThixo wenu,

5 Assim, confirmarei o juramento que fiz a vossos pais de dar-lhes uma terra que jorra leite e mel, exatamente a terra que possuis hoje!'" Então respondi: `Amën' é verdade, ó SENHOR!

5nokuze isifungo endasenza kooyihlo-mkhulu sokubanika ilizwe lobusi nobisi ndisiphumeze.' Ngulo mhlaba nimi kuwo namhlanje." Ndaphendula ndathi: "Ewe, amen, Ndikhoyo."

6 Então o Eterno continuou a falar-me: "Proclama, pois, todas estas palavras nas cidades de Judá e nas ruas de Jerusalém, dizendo: 'Ouvi e cumpri todos os termos desta Aliança!

6Wathi kum uNdikhoyo: "Hamba ke uvakalise kwiidolophu zakwaJuda nasezitalatweni zaseJerusalem, uthi: 'Yibekeleni iindlebe imiqathango yomnqophiso, nihambe ngayo.

7 Porquanto várias vezes adverti vossos antepassados, desde o dia em que os tirei da terra do Egito até o dia de hoje, declarando: Ouvi a minha voz!

7Okoko ndabakhupha eJiputa ookhokho benu ndasoloko ndigxininisa izihlandlo ngezihlandlo ndisithi kubo: "Ndithobeleni."

8 Contudo, não escutaram, muito menos prestaram atenção; pelo contrário, cada um andou na rebeldia do seu coração impiedoso e maligno; por isso executei contra eles todas as penalidades previstas nos termos desta Aliança, as quais lhes ordenei expressamente que cumprissem, todavia não o fizeram.'"

8Basuka abaphulaphula bona, abandihoya, koko basuka balandela ububi beentliziyo zabo eziqaqadekileyo. Nam ke ndabahlisela zonke iziqalekiso zomnqophiso endathi mabawuthobele, abeva.' "

9 Disse-me mais Yahweh: 'Achou-se uma conspiração entre os homens de Judá e entre os habitantes de Jerusalém.

9Uthe uNdikhoyo kum: "Kukho iyelenqe elenziwa ngabantu bakwaJuda nabaseJerusalem.

10 Repetiram os erros e pecados de seus antepassados, que se recusaram a ouvir as minhas palavras e seguiram outros deuses para lhes prestar culto e adoração. A Casa de Israel e a Casa de Judá quebraram a minha Aliança, que fiz com seus pais e antepassados.

10Babuyele kwikakade looyise-mkhulu abalayo ukundiphulaphula. Bona bâlandela banqula thixo bambi. Ewe, uSirayeli kunye noJuda bawaphule umnqophiso endawenza kunye nookhokho babo.

[11] Portanto, assim diz Yahweh, o SENHOR: 'Estou trazendo sobre eles uma calamidade de que não poderão jamais escapar; suplicarão em alta voz a mim, mas Eu não lhes darei ouvidos.

[12] Então as cidades de Judá e os habitantes de Jerusalém irão e clamarão aos deuses a quem eles se devotaram e queimaram incenso; estes, no entanto, de modo algum os livrarão quando vier o dia da calamidade se abater sobre eles.

[13] Os teus deuses são muitos e variados, tão numerosos quanto as tuas cidades, ó Judá; e os altares que tendes construído para queimar incenso àquela coisa vergonhosa e abominável chamada Baal são tantos quantas são as ruas de Jerusalém.

[14] "Quanto a ti, Jeremias, eis que te ordeno que não te coloques em oração a favor de nenhuma pessoa deste povo, tampouco clames ou levantes súplicas e petições por eles, porquanto Eu não os ouvirei quando rogarem a mim na hora da desgraça.

[15] O que a minha amada faz no meu Templo cheia de intenções enganosas? Porventura os teus votos e as carnes que consagraste haverão de evitar o castigo que se avizinha contra ti? Poderás então seguir exultando em meio ao prazer que tendes com o mal que praticas?"

[16] O Eterno te chamou de Oliveira Verdejante, ornada de belos e bons frutos. Mas com o estrondo de um grande tumulto, ele a arrasará em meio ao fogo e todos os seus ramos serão quebrados.

[11]Utsho ke ngoko uNdikhoyo ukuthi: 'Ndiza kubahlisela ishwangusha abangayi kuphuncuka kulo. Nokuba sebendibongoza andiyi kubaphulaphula.

[12]Abantu bakwaJuda nabaseJerusalem baya kuya kwabo thixo bebekade bebenzela iziqhumiso, bakhale kubo becela kubo uncedo. Kodwa abayi kuzuza luncedo kwabo thixo ngomhla weshwangusha.

[13]Oothixo babantu bakwaJuda baninzi kangangezixeko zalapho, ukanti abantu baseJerusalem bamenzele amaqonga eziqhumiso lowa Bhali unezothe kuzo zonke izitalato zalapho.'

[14]"Wena ke uze ungabathandazeli aba bantu, ungabathetheleli, ungabacengeli kum, ungabangxengxezeli kum konke, kuba andisobe ndikuphulaphule."

[15]Uthi uNdikhoyo: "Wena ntandane yam, ufuna ntoni endlwini yam xa undenzela iyelenqe kunye nabanye? Ngaba amadini owenzayo olinqanda ishwangusha? Xa bekunjalo ngewuchulumacha!

[16]Ndandidla ngokuthi ufana nomthi womnquma oyokozelayo uthwele iziqhamo ezihle ngembonakalo, kodwa ngoku ndiza kuvuthuza ndixele isaqhwithi, ndiwantumeke umlilo amagqabi aloo mthi, ndiwashiye amasebe eze.

[17] Porque o Todo-Poderoso dos Exércitos, que te plantou, pronunciou contra ti um castigo em forma de calamidade, por causa do grande mal que a Casa de Israel e a Casa de Judá praticaram, e assim acenderam minha cólera, quando queimaram incenso a Baal.

Conspiração contra Jeremias

[18] Fiquei sabendo, pois o SENHOR me revelou; ó Eterno, tu me fizeste entender as suas ações.

[19] Mas eu era como um cordeirinho manso, que se leva à matança; não sabia que era contra mim que tramavam, dizendo: 'Destruamos a árvore com o pão de sua seiva, o seu fruto! Avante! Cortemo-lo da terra dos viventes para que o seu nome não seja mais lembrado!"

[20] Ó Yahweh dos Exércitos, justo Juiz que provas o coração e a mente de todos; espero, portanto, contemplar a tua santa vingança sobre eles, pois diante de ti depositei a minha causa e petição.

[21] Em vista disso, assim respondeu Yahweh em relação aos homens de Anatote, que procuram uma maneira para tirar-me a vida, ameaçando: "Não profetizes em o Nome de Yahweh, para que não encontres a morte em nossas mãos.

[22] Por isso, assim diz o SENHOR dos Exércitos: "Eu os punirei severamente; os moços morrerão pela espada, seus filhos e filhas morrerão de fome.

[23] E não ficará nem sequer um remanescente, pois farei vir sobre toda a população de Anatote enorme desgraça;

[17]"UJuda noSirayeli bâtyalwa ndim, mna Ndikhoyo onamandla onke, ke ngoku ndibasongela ngeshwangusha. Sisiphumo sezenzo zabo ezigwenxa esi, kuba bandiqumbisile ngokwenzela uBhali amadini esiqhumiso."

Iyelenqe lokubulala uJeremiya

[18] UNdikhoyo wandityhilela, khon' ukuze ndiqonde; wawavula amehlo am, ndazazi iinjongo zabo.

[19]Ndandifana nqwa nexhwane elimbuna lisiya kuxhelwa. Bekungekho nto ndiyaziyo. Bendingaqondi ukuba baceba amayelenqe ngam, besithi: "Masiwutshabalalise umthi uselula, simcime igama, angabi sakhunjulwa ngabaphilayo."

[20]Ndibhenela kuwe, Ndikhoyo Somandla-onke, wena mgwebi olilungisa, wena mgocagoci weentliziyo neengqondo zabantu. Wonke lo mcimbi wam ndiwuxhoma kuwe; mandikubone ke ukundiphindezela kwakho kubo.

[21]Ngenxa yoko naku okuthethwa nguNdikhoyo malunga nabantu baseAnatoti abazungula ubomi bakho besithi: "Musa ukuba sashumayela ngegama likaNdikhoyo, hleze sikubulale ngezandla zethu."

[22]Ngoko ke uNdikhoyo uthi: "Niyabona, ndiza kuqubisana nabo. Amadodana abo aza kufa ngekrele, oonyana neentombi zabo bona bafe yindlala.

[23]Akuyi kusinda nempunde le, kuba ndiwazisela ishwangusha amadoda

sim, eis que aquele será o ano do grande castigo!"

Jeremias 12

[1] Tu és justo, ó Yahweh, SENHOR, quem sou eu para questioná-lo. Contudo, eu gostaria de discutir contigo sobre a tua justiça. Por que o caminho dos ímpios prospera? Por que todos os traidores vivem sem problemas?

[2] Tu os plantaste, e eles criaram raízes; crescem e dão frutos; tu estás sempre próximo de seus lábios, mas longe do coração e da atitude deles.

[3] Tu, porém, me conheces bem, ó Yahweh, tu me observas e provas minha fidelidade para contigo. Arranca-os como ovelhas para o matadouro e separa-os para o Dia do Abate!

[4] Até quando a terra panteará em seu luto e a relva de todo campo estará seca? Perecem os animais e as aves por causa da maldade dos que habitam nesta terra, pois eles costumam dizer: "Deus não dá atenção ao que estamos fazendo na terra!"

[5] "Ora, Jeremias, se te propuseste a correr com os seres humanos e te cansaste, como poderás competir com os cavalos? Se tropeças mesmo em terreno firme e seguro, o que farás nos matagais junto ao Jordão?

[6] Pois, até os teus irmãos, e a casa de teu pai, estes mesmos agem com perversidade para contigo; eles mesmos gritam intensamente contra ti. Não confies neles, ainda que te elogiem e façam grandes promessas.

aseAnatoti ngonyaka wokubohlwaya kwam."

UJeremiya 12

UJeremiya uyakhalaza

[1]Ulilungisa, wena Ndikhoyo, xa ndixambulisana nawe, xa ndibhenela kuwe ngeendawo ezinxulumene nobulungisa. Ngaba ibangwa yintoni impumelelo yezibhoja? Kungani amaqhophololo ehleli ethe zava nje?

[2]Batyalwe nguwe, zendela iingcambu zabo; bahlumile, bavelisa iziqhamo. Usoloko usemilebeni yabo, kodwa ezintliziyweni zabo ukude lee.

[3]Ke wena, Ndikhoyo, uyandibona; uyazigocagoca iingcamango zam ngawe. Barhuqe abantu abagwenxa, baxele iigusha eziya kuxhelwa. Bakhethele bucala, ide ifike imini yokubulawa.

[4]Koda kube nini uzilile umhlaba? Koda kube nini itshile ingca emadlelweni? Izilwanyana neentaka ziyafa ngenxa yenkohlakalo yabantu bakowethu. Kanti bathi: "UThixo akasazi isiphelo sethu."

Impendulo kaThixo

[5] UNdikhoyo wathi: "Xa ububaleka nabantu abahamba ngeenyawo, waza wadinwa, ungakhuphisana njani namahashe? Xa ukhubeka emhlabeni ophangaleleyo, uya kuthini kwiintshinyela zamatyholo aseJordan?

[6]Ujikelwe ngabantakwenu nendlu kayihlo, bazimisela ukukwenzakalisa. Uze ungaze ubathembe, nokuba bathetha kamnandi nawe.

O país é devastado. Profecia contra os seus devastadores

[7] Desamparei a minha casa, abandonei a minha herança; entreguei aquela a quem amo nas mãos de seus inimigos.

[8] Minha herança transformou-se para mim como um leão numa floresta; levantou sua voz contra mim; por isso eu a odeio.

[9] Porventura a minha herança transformou-se em uma ave de rapina ou numa toca de hienas? Aves sanguinárias andam rodeando sobre ela? Então ide, reuni todos os animais do campo, trazei-os para o banquete.

[10] Muitos pastores destruíram a minha vinha, pisotearam a minha propriedade; tornaram minha preciosa terra em um deserto árido e sem vida.

[11] Eles a transformaram em desolação; e arrasada, ela clama a mim. Toda a terra está dizimada, mas ninguém se importa com isso!

[12] Sobre todas as colinas vazias do deserto vieram exterminadores, porque a espada de Yahweh devora desde uma extremidade da terra até outra; não há tranquilidade para ninguém.

[13] Semearam trigo, mas colheram espinhos; afadigaram-se para nada conseguir. Ficareis decepcionados com as vossas colheitas, por causa da ira ardente de Yahweh.

[14] Assim diz o SENHOR acerca de todos os meus maus vizinhos, que se apoderam da herança que concedi a Israel, o meu povo: “Eu os arrancarei da sua terra e tirarei Judá do meio deles.

[7]“Ndoyishiya indlu yam, ndisibukule isizwe esililifa lam, ndimnikele othandwe ndim ezandleni zeentshaba zakhe.

[8]Ilifa lam nqwa nengonyama egquma ehlathini: liyandivukela. Kungoko ke ndilithiyile nje.

[9]Ilifa lam lifana nengcuka engqingwe ngamakhozi; bizani onke amarhamncwa, eze esidlweni.

[10]Kofika abelusi abaninzi, bawuchithe umdiliya wam, basinyhashe isabelo sam esinqwenelekayo, basenze sibe ngumqwebedu.

[11]Isabelo sam senziwe inkangala, satsho sangumqwebedu phambi kwam. Umhlaba uphela ulil' ibhungane; akukho bani uwukhathaleleyo.

[12]Abatshabalalisi bavele eluqayini entlango. Ikrele likaNdikhoyo liyawutshabalalisa umhlaba macala onke. Akukho namnye uya kusinda.

[13]Baya kuhlwayela ingqolowa, bavune ameva. Baza kufumana babulaleke, kodwa bangazuzi lutho. Ngenxa yobushushu bengqumbo kaNdikhoyo niya kuba nesivuno esidanisayo.”

[14]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Malunga nabo bonke abamelwane abakhohlakeleyo abawuthathileyo umhlaba endawunika abantu bam amaSirayeli waba lilifa, ndithi: Ndiza kubagungxula ezweni labo, ngokungathi ndincothula umthi, ndiyinyothule indlu kaJuda kubo.

[15] Mas, depois de arrancá-los, eis que voltarei a ter compaixão do meu povo e os farei retornar, cada um à sua propriedade e à sua terra.

[16] E se aprenderem a ter uma atitude compatível com o que espero do meu povo e jurarem pelo Nome de Yahweh, dizendo: "Juro pelo Nome do SENHOR", assim como vos ensinaram a jurar por Baal, então sereis estabelecidos no meio do meu povo.

[17] Entretanto, se não quiserem ouvir, arrancarei aquela nação completamente da terra e a exterminarei!" Assevera Yahweh.

[15]Kambe ndobe ndibenzele inceba ndakuba ndibanyothule, ndibuyisele umntu ngamnye kwilifa lakhe nakumhlaba wakowabo.

[16]Kuya kuthi xa bazifundisisile iindlela zabantu bam, bafunge nangegama lam, bathi: 'Ekho nje uNdikhoyo' – nanjengoko bebebafundisa abantu bam ukufunga ngoBhali – nabo ndiya kubazinzisa phakathi kwabantu bam.

[17]Xa kukho uhlanga olungevayo ndolunyothula; ewe, ndolunyothula ndiluphanzise." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Jeremias 13

O cativeiro é representado por um cinto de linho

[1] Assim me ordenou Yahweh: "Vai e compra um cinto de linho e coloca-o em volta de tua cintura, mas não permitas que se molhe na água!"

[2] Então, comprei um cinto, conforme a Palavra do SENHOR e o coloquei em minha cintura.

[3] Então me veio a Palavra de Yahweh uma vez mais, dizendo:

[4] "Levanta-te! Toma o cinto que compraste e que carregas na tua cintura, vai ao Perate, Eufrates e esconde-o ali na fenda de uma rocha.

[5] Parti em direção ao Eufrates e o escondi ali como Yahweh havia me orientado.

[6] E, passados muitos dias, me ordenou Yahweh: "Dispõe-te! Vai ao Eufrates e pega o cinto que te mandei esconder ali!"

[7] Então fui às margens do Eufrates e retirei o cinto do lugar onde o havia escondido; o

UJeremiya 13

Ibhanti yelinen

[1]Watsho kum uNdikhoyo ukuthi: "Yiya kuthenga ibhanti eyenziwe ngelinen, uyibhinqe esinqeni, kodwa ingaze idibane namanzi."

[2]Ndaya kuyithenga ke loo bhanti, njengokutsho kukaNdikhoyo, ndayibhinqa.

[3]Libuye lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

[4]"Thatha le bhanti uyibhinqileyo, uye emlanjeni iEfrati, ufike uyifihle emfanteni kwiliwa elilapho."

[5]Ndahamba ke ndafika ndayifihla ngase-Efrati njengokutsho kukaNdikhoyo.

[6]Emva kwexesha elide wabuya wathi kum uNdikhoyo: "Yiya e-Efrati, ufike uthathe laa bhanti ndandithe yifihle khona."

[7]Ndaya ke, ndafika ndayivumbulula apho ndandiyifake khona. Ndafika sele yonakele, kungasenakwenziwa nto ngayo.

cinto havia apodrecido e não prestava para mais nada.

[8] Em seguida veio a mim a Palavra do SENHOR:

[9] "Assim diz Yahweh: Eis que, semelhantemente, farei apodrecer o orgulho de Judá e a grande arrogância de Jerusalém.

[10] Este povo impiedoso e maligno, que se recusa a ouvir as minhas palavras, que caminha segundo a teimosia das intenções de seu coração e que confia e segue a outros deuses, a fim de lhes prestar culto e serviço, ficará como este cinto, que agora já não serve para mais nada.

[11] Pois, assim como o cinto se apega à cintura do homem, assim Eu fiz com que toda a Casa de Israel e toda a Casa de Judá se apegasse a mim!" - declara o SENHOR. "A fim de que se constituíssem no meu povo para meu renome, glória, honra e louvor; todavia eles preferiram não me dar ouvidos." - afirma o SENHOR.

[12] "Portanto, tu lhes comunicarás esta Palavra: Assim diz o SENHOR Deus de Israel: Toda a vasilha de couro própria para guardar vinho deverá ser cheia. E se o povo te contestar, dizendo: 'Será que não sabemos nós muito bem que toda vasilha de couro como esta deve ser cheia com vinho? '

[13] Então tu lhes profetizarás: 'Assim diz o SENHOR: Eis que Eu farei que todos os habitantes desta terra fiquem embriagados, até mesmo os reis que se assentam sobre o trono de Davi, os sacerdotes, os profetas e todos os habitantes de Jerusalém.

[8]Lavakala kum ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[9]"Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kwenjenjalo ke ukonakalisa ikratshi lakwaJuda, ikratshi elikhulu laseJerusalem.

[10]Aba bantu bakhohlakeleyo, bangandivayo, balawulwa kukuqaqadeka kweentliziyo zabo, bathe phithi kukunqula nokukhonza oothixo basemzini, baza kuba njengale bhanti yelinen kungenakwenziwa nto konke ngayo.

[11]Kanye njengokuba ibhanti ithiwa ntshi esinqeni somntu, umzi kaSirayeli uphela kwakunye nokaJuda ndawubophelela kum," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "khon' ukuze babe ngabantu bam, ndizenzele igama ngabo, nodumo neqhayiya, kodwa bona abevanga."

Umphanda wewayini

[12]Wathi kum uNdikhoyo: "Yithi kwaba bantu: 'Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ukuthi: Wonke umphanda wozaliswa ngewayini.' Bona ke baya kuthi: 'Uba asiyazi kakade into yokuba wonke umphanda wozaliswa ngewayini?'

[13]Uya kuthi ke wena: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Bonke abemi beli lizwe ndiza kubenza banxile, nditsho iikumkani zabo, ezo zisezihlangwini zikaDavide, ababingeleli, abashumayeli, nabo bonke abantu baseJerusalem.

[14] Eu mesmo os despedaçarei, colocando uns contra os outros, tanto os pais como os filhos!" - alerta Yahweh. "Nem a piedade nem a misericórdia nem a compaixão me impedirão de destruí-los!"

[14]Ndiza kubakhandanisa omnye nomnye, ooyise noonyana, utsho uNdikhoyo. Usizi nenceba nemfesane ndiza kuziphosa ngasemva zingandinqandi ekubatshabalaliseni.' "

UJeremiya ulumkisa amawabo

[15] Sendo assim, escutai e prestai atenção! Não sejais arrogantes e teimosos, porquanto Yahweh falou.

[15]MaSirayeli, uNdikhoyo uthethile; bekani iindlebe nive, niyeke ukuziphakamisa.

[16] Daí glória ao SENHOR, vosso Deus, antes que cheguem as trevas e antes que vossos pés tropecem nos montes escuros, antes que, esperando vós a luz, ele a transforme na mais densa escuridão e a reduza à noite sem fim.

[16]Mzukiseni uNdikhoyo uThixo wenu engekaniziseli ubumnyama nikhubeke ezindulini ezinamathunzi; hleze ukukhanya enikulindeleyo kujike kube sisithokothoko sobumnyama.

[17] Contudo, se não ouvirdes, prantearei em secreto, por causa do vosso orgulho; e os meus olhos chorarão amargamente e se desfarão em lágrimas, porque o rebanho do Eterno foi levado cativo.

[17]Ukuba aniva, ndiya kukhala ngasese, ndilile ngenxa yekratshi eninalo. Ndiya kutsho ezimathontsi ngenxa yomhlambi kaNdikhoyo othinjiweyo.

[18] Dizei, pois ao rei e à rainha-mãe: "Eis que é chegado o tempo da vossa humilhação; descei do trono, pois as vossas coroas gloriosas já rolaram de sobre as vossas cabeças até o chão!"

[18]Mxeleleni ukumkani kunye nonina ukumkanikazi, nithi: "Zithobeni; hlalani phantsi; kuba izithsaba zokuhlonipheka kwenu zithulwe ezintlokweni zenu."

[19] As cidades do Neguebe estão fechadas e não há quem nelas consiga entrar. Todo o Judá foi levado cativo, todos foram exilados.

[19]Izixeko zelisezantsi zingqingiwe, akukho bani unako ukungena. Abantu bakwaJuda bathinjiwe, bafudusiwe xa bebonke.

[20] Levantai os olhos e vede os que vêm do Norte; onde está o rebanho que te foi dado, o teu grandioso e lindo rebanho?

[20]Vula amehlo ukhangele, Jerusalem, ubabone abavela ngasentla. Uphi umhlambi owawuwunikiwe? Iphi impahla emfutshane obukade uqhayisa ngayo?

[21] Que dirás, quando instituírem como dominadores sobre ti aqueles com quem cultivaste amizade e aliança? Não terás

[21]Uya kuthini xa abo ububafundisa bengabahlobo, sele benikwe amagunya phezu kwakho? Akuyi kufikelwa yintlungu na okomfazi osikwa yinimba?

dores, como as de uma mulher em trabalho de parto?

22 Se disseres no coração: "Por que toda esta calamidade se abateu sobre nós?" Ora, saibas que foi por causa de teus muitos e graves pecados que as tuas vestes foram levantadas e foste violentada.

23 Pode o etíope mudar a sua pele? Pode o leopardo alterar as suas pintas? Assim também podereis vós fazer o bem, estando tão habituados à prática do mal?

24 Por isso, Eu os espalharei como a palha levada pelo vento do deserto.

25 Esta é a tua sorte, a porção que determinei para ti!" Assegura o SENHOR. "Porquanto te esqueceste de mim, me abandonaste e confiaste em mentiras.

26 De igual modo levantarei as tuas roupas sobre o teu rosto e as tuas vergonhas serão todas expostas!

27 Eis que tenho observado os teus atos abomináveis; teus muitos adultérios, os teus relinchos sensuais; toda a tua prostituição, absolutamente sem pudor, sobre as colinas e nos campos! Ai de ti, ó Jerusalém! Até quando continuarás deste jeito: impura?"

Jeremias 14

Jeremias, em vão, intercede pelo povo

1 Esta, pois, é a Palavra de Yahweh que veio a Jeremias a respeito da seca:

2 Judá pranteia, as suas cidades estão definhando e os seus habitantes enlutados se lamentam, prostrados no chão! O clamor de Jerusalém sobe.

3 Os nobres mandam os seus servos à procura de água: eles vão às cisternas mas

22Wakuzibuza usithi: "Zindihlela ngani ezi zinto?" uzuqonde ukuba kungenxa yobugwenxa bakho sele umbhinqo wakho udlakaziwe, waza nawe wagonyamelwa.

23Angalijika na ibala lolusu lwakhe umKushe? Yona ingwe ingawajika amabala ayo? Nani eniqhele imikhwa emibi aninakujika nenze okulungileyo.

24"Ndiza kunichitha-chitha nixele umququ uphetshethwa ngumoya wasentlango.

25Yinxaxheba yakho leyo, kwakunye nesabelo osahlulelwe ndim." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Kaloku wandilibala wathembela kwizinto zobuxoki.

26Ndiza kukuhluba izambatho zakho, ndikubhence, libonwe ihlazo lobuze bakho,

27nditsho ukukrexeza kwakho, nokuthabatheka kwakho yinkanuko, ukukhanuka kwakho ezindle, namanyala okuhenyuza kwakho. Ndiwabonile amanyundululu akho ezindulini endle. Mawoo, Jerusalem! Hayi ukungcola kwakho! Kuya kude kube nini na unje!"

UJeremiya 14

Imbalela

1Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo malunga nembalela, lisithi:

2"Libalele kwaJuda; kunyembelekile kwizixeko zakhe. Abemi bathe fohlololo emhlabeni, bambethe ezokuzila. Kuvakala isikhalo eJerusalem.

3Iindwalutho zithuma iindwayi amanzi, zona zifike amaqula ome qoko. Zibuya

nada encontram. Voltam com os potes vazios, humilhados e frustrados; e cobrem a cabeça de vergonha.

4 A terra nada produziu, pois as chuvas não vieram; e os lavradores, decepcionados, também cobrem a cabeça.

5 Pois até a corça no campo abandona a cria recém-nascida, porque não há capim.

6 Os jumentos selvagens permanecem nos altos, farejando o vento como os chacais, mas a sua visão é turva, por falta de água e pastagem!”

7 Visto que nossos pecados nos acusam, age por causa do teu magnífico Nome, ó Yahweh; porque as nossas rebeldias são muitas. Temos pecado contra ti.

8 Ó Esperança de Israel, Yahweh. Tu que o salvas na hora da adversidade, por que te comportas como um estrangeiro na terra, ou como um viajante que fica somente uma noite?

9 Por que ages como um homem que foi pego de surpresa, como um guerreiro que não pode salvar? Tu estás em nosso meio, ó SENHOR, e nós pertencemos a ti; o teu Nome foi invocado sobre nós, portanto, não nos despreze!

10 Assim diz Yahweh acerca do seu povo: “Eles gostam de vaguear e não detêm os seus pés, por isso o SENHOR não os aceita, mas agora se lembrará de suas iniquidades e castigará os seus pecados.”

11 Então o SENHOR me ordenou: “Não ores nem intercedas em favor deste povo.

zidanile, zityhafile, zithokombise intloko, zingaphethe nto ngezo ngqayi zazo.

4Sele waba ngumqwebedu umhlaba; kaloku imvula ayisani. Bafane bee makatha abalimi; bayanyoshoza ziintloni, bethokombise iintloko.

5Phaya endle nemazi yexhama izala ithole, ibuye ilibukule, kuba akukho luhlaza lukhoyo.

6Amaqwarha ema eluqayini, asezele umoya, axel' udyakalashe. Sele amehlo elusizi, kub' uhlaz' alubonwa.”

7Naxa izono zethu zisigweba sincede, Ndikhoyo, ngenxa yegama lakho. Ewe, kufuthi-futhi sikreqa, sakona amaxesha ngamaxesha.

8Wena Themba likaSirayeli, wena Mhlanguli wakhe ngamaxesha okubandezeleka, yini na ukuba ube njengomngeneleli kweli lizwe, ube njengomhambi othe vu ubusuku kuphela?

9Kutheni wafana nomntu odidekileyo, kanye njengegorha elingenamandla okuhlangula? Ngenene ukho phakathi kwethu, Ndikhoyo, singabantu ababizwa ngegama lakho, uze ungasilahli.

10Malunga naba bantu utsho uNdikhoyo ukuthi: “Bayakuthanda ukuzula-zula; iinyawo zabo abakwazi ukuzilawula. Abamkholisi konke uNdikhoyo. Uya kuhlala ebukhumbula ubungwenxa babo, abohlwaye ngenxa yesono sabo.”

11Uthe kum uNdikhoyo: “Aba bantu uze ungabacengeli kum ukuba kulunge kubo.

[12] Ainda que jejuem, não ouvirei o seu clamor; mesmo que ofereçam holocaustos e ofertas de cereais, não os aceitarei nem terei neles qualquer prazer. Contudo, Eu os destruirei por intermédio da guerra, pela fome e através das pestes.

[13] Então eu argumentei: “Ah, Altíssimo Deus, Todo-Poderoso, os profetas estão pregando a eles e dizendo: “Não vos preocupeis; é certo que não vereis espada, tampouco passareis fome; pelo contrário, Deus vos prometeu prosperidade e paz duradoura nestas terras!”

[14] E ainda disse-me o SENHOR: “Tudo isso que estes profetas andam divulgando em meu Nome é mentira! Eu não os enviei nem lhes dei ordem alguma para falar em meu Nome, sequer falei com eles. Eles vos profetizam falsas visões, adivinhações, doutrinas inúteis e o engano de suas próprias mentes e corações!”

[15] Portanto, assim diz Yahweh: “Quanto aos profetas que estão pregando em meu Nome, ainda que Eu mesmo não os tenha convocado, nem enviado; e que dizem: ‘Nem guerra nem fome alcançarão esta terra!’, estes mesmos profetas perecerão, serão exterminados pela espada e pela fome que advirão!

[16] E o povo a quem eles profetizam será jogado nas ruas de Jerusalém, exatamente por causa da fome e da espada; e não restará pessoa alguma, nem para sepultá-los, nem para enterrar suas esposas, filhos e filhas; porquanto derramarei sobre todos eles a sua própria malignidade.

[12]Nokuba bangade bazile ukutya, andiyi kubaphulaphula xa bekhala kum. Nokuba bangade benze amadini atshiswayo neminikelo, andisobe ndikholiseke. Ndosuka ndibatshabalalise ngekrele, ngendlala, nangesibetho sesifo.”

[13]Ndithe ke mna: “Awu, Nkosi Ndikhoyo, uyazi ukuba abashumayeli bathetha nabantu besithi: ‘Akuzi kubakho krele nandlala apha. Ngaphaya koko utsho uNdikhoyo ukuthi: Kuyo le ndawo ndininika uxolo olungasoze luphele.’ ”

[14]UNdikhoyo uthe ukundiphendula: “Abo bashumayeli bathetha ubuxoki ngegama lam. Abathunywanga ndim, ndingakhange ndibayalele oko, ndingazange ndithethe nokuthetha oku nabo. Bashumayela nje imibono ebubuxoki, nokuvumisa okungento, nenkohliso yeentliziyo zabo.”

[15]Ke ngoko malunga nabo bashumayeli bashumayela ngegama lakhe bengathunywanga nguye utsho uNdikhoyo ukuthi: “Bathi: ‘Abayi kufikelwa likrele kwakunye nendlala abantu beli lizwe.’ Kambe abo bashumayeli bona ngokwabo baya kutshabalala ngekrele nayindlala.

[16]Nabo bantu babashumayezayo baya kukhutshelwa ngaphandle ezitalatweni zaseJerusalem ngenxa yendlala nalikrele. Akuyi kubakho bani uya kubangcwaba, kungayi kubakho bani uya kungcwaba nkqu nabafazi, noonyana, neentombi zabo. Ndiya kubahlisela ishwangusha ngenxa yenkohlakalo yabo.

[17] Portanto, tu lhes pregarás a seguinte Palavra: "Que os meus olhos não parem de derramar lágrimas noite e dia; porque a virgem filha do meu povo está gravemente ferida de um ferimento mortal.

[18] Se parto para o campo, vejo os que foram mortos pela espada; se adentro à cidade, vejo os debilitados pela fome. O profeta e o sacerdote percorrem a terra e não compreendem nada!"

[19] Porventura rejeitaste Judá por completo? Desprezaste Sião? Por que nos feriste, sem que haja possibilidade de cura para nós? Aguardamos a paz, mas não chegou bem algum; aguardávamos um tempo de cura, mas há somente terror.

[20] Ah, Yahweh, ó SENHOR, reconhecemos a nossa malignidade e a iniquidade de nossos pais; pois temos errado e pecado contra ti.

[21] Não nos desprezes, por causa do teu magnífico Nome; não tragas humilhação sobre o trono da tua Aliança conosco.

[22] Porventura existe entre os deuses falsos das nações algum que faça chover? Ou podem os céus por si só produzir chuvas copiosas? Não! Somente tu o podes, Yahweh, nosso Deus! Portanto, depositamos toda a nossa esperança em ti; pois tens todas essas virtudes.

Jeremias 15

[1] Então Yahweh me alertou: "Ainda que Moisés e Samuel intercedessem diante de mim, Eu não mostraria favor a este povo.

[17]"Wena ke thetha eli lizwi kubo uthi: " 'Antywizisa iinyembezi amehlo am imini nobusuku, ziqukuqele ngokungenasiphelo. Kaloku intombi engabantu bam yenzakele kakubi; yoselwe lelinzulu lona inxeba eli.

[18]Ndithi ndakuphumela ngaphandle, ndithane nqwakaqha nâbo bawe ngekrele; ndithi ndakungena esixekweni, ndithi mandla nâbo bawiswe liphango. Kaloku abashumayeli kwakunye nababingeleli bayayabula nje kwilizwe lonke.' "

[19]Ngaba, Ndikhoyo, umlahle kwaphela na uJuda? Ngaba ikucaphuzelisa intliziyo na iZiyon? Yini na ukuba usibethe singabi nakuphiliswa? Besilindele uxolo, suka kwavela ububi. Besijonge ukuphiliswa, nâko sifikelwa lunxunguphalo.

[20]Siyayivuma inkohlakalo yethu, Ndikhoyo, kwakunye nobugwenxa boobawo-mkhulu. Ewe, sikonile, Ndikhoyo!

[21]Ngenxa yegama lakho musa ukusibukula, ungayihlazi iJerusalem ibhotwe lakho elidumileyo. Wukhumbule umnqophiso owenze nathi, ungaze uwaphule nanini na.

[22]Ngaba oothixo abangento beentlanga bayakwazi ukunisa imvula? Ngaba sona ngokunokwaso isibhakabhaka singehlisa imikhwitsho? Hayi, nguwe, Ndikhoyo, Thixo wethu, esithembele kuye; nguwe ozenzayo zonke ezo zinto.

UJeremiya 15

Intshabalalo

[1] UNdikhoyo uthe kum: "Nokuba kungade kube kumi uMosis kunye noSamweli apha ngaphambi kwam, bendingasokuze

Manda-os embora da minha presença! Que eles saiam!

ndibavele aba bantu konke. Bagxothe bemke phambi kwam!

[2] E quando te indagarem: 'Para onde iremos?' Responda-lhes: Assim ordena o SENHOR: Os destinados à morte, para a morte; os destinados à espada, para a espada; os destinados à fome, para fome; os destinados ao cativeiro, para o cativeiro.

[2]Xa bathi: 'Usigxothela phi?' uze uthi: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: " 'Abokufa mabaye ekufeni, abekrele ekreleni, abendlala kwindlala, abokuthinjwa ekuthinjweni.' "

[3] Pois Eu os castigarei com quatro tipos de destruidor, declara Yahweh: com espada para matar, com cães para dilacerar, com as aves do céu e com os animais selvagens para os devorar e destruir.

[3]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Ndiza kubamisela iindidi zibe ne zezibetho. Ikrele liza kubatyakatya, izinja zibarhuqe, badliwe ziintaka, amarhamncwa wona abagqibezele.

[4] Farei com que sejam motivo de horror diante de todos os reinos da terra, por causa de Manassés, filho de Ezequias, rei de Judá, por tudo quanto fez em Jerusalém.

[4]Baza kutsho bacekiseke kuzo zonke izikumkani zehlabathi ngenxa yento eyênziwa eJerusalem nguManase into kaHezekiya ukumkani wakwaJuda.

[5] Pois quem terá compaixão de ti, ó Jerusalém? Ou quem se entristecerá por ti? Quem se dará ao trabalho de cruzar o seu caminho para saber se está bem ou precisa de ajuda?

[5]"Jerusalem, ngubani owovelana nawe, ingubani oya kukukhuza? Ngubani owozikhathaza ukukubuza impilo?

[6] Tu me rejeitaste, afirma Yahweh, e retrocedeste; por isso, estenderei a minha mão contra ti e te destruirei; estou, pois, cansado de demonstrar minha compaixão e misericórdia!

[6]Nguwe ondilahlileyo, waza wabuya umva." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo. "Ndidiniwe kukuba nosizi nguwe; ngoko ke ndiya kukusa isandla ndikutshabalalise.

[7] Eu os espalhei ao vento como palha nas portas das cidades da terra; deixei-os sem filhos, destruí o meu povo; todavia, não desistiram dos seus maus caminhos.

[7]Ndobachitha-chitha kuzo zonke izixeko zeli lizwe, okomququ ophetshethwayo xa kubhulwa. Ndobahlutha inzala abantu bam, ndibatshabalalise, ngenxa yokuba bengafuni kwahlukana nemikhwa emibi.

[8] O número de suas viúvas tem se multiplicado mais do que a areia dos mares. Trouxe ao meio-dia um exterminador sobre eles, até mesmo sobre a mãe de jovens guerreiros; fiz que de um momento para

[8]Abahlolokazi boba baninzi, badlule intlabathi engaselwandle. Emini emaqanda ndobazisela umtshabalalisi oonina bamadodana, ngequbuliso ndobafikela ngonxunguphalo nokunkwantya.

outro caíssem sobre ela profunda angústia e apavoramento.

[9] A mãe de sete filhos desmaiou e está ofegante. Para ela o sol se pôs mesmo quando o dia não havia ainda terminado; ela foi grandemente envergonhada e humilhada. Agora, pois, entregarei os sobreviventes à espada na presença dos seus inimigos!" Oráculo de Yahweh.

[10] Ai de mim e pobre de minha mãe, por me haver dado a luz! Pois sou um homem em guerra, travando grandes batalhas com toda a terra! Jamais emprestei nem tomei emprestado e assim mesmo todos me amaldiçoam.

[11] Eis que o SENHOR fala: "Eu com toda a certeza o fortaleci para o bem e intervim a teu favor, no tempo da desgraça e da provação!

[12] Haverá alguém capaz de quebrar com as mãos o ferro, o ferro que vem do Norte, ou o bronze?

[13] Pregai, portanto, a este povo: "Eis que entregarei gratuitamente as tuas riquezas e os teus tesouros a fim de serem saqueados; e isso, por causa de teus muitos erros e pecados em todo o território.

[14] E farei que sirvas os teus inimigos numa terra que não conheces; porque o fogo de minha ira se acendeu e arderá violentamente contra vós!

[15] Ó Yahweh, tu me conheces; lembra-te de mim, visita-me e vinga-me dos meus perseguidores. Não permitas que eu pereça, por causa de tua longanimidade. Sabe que

[9]Uya kurhoxoza unina wabasixhenxe, aphume umphefumlo, ilanga lakhe litshone kusesemini, ajwaqeke lihlazo naziintloni. Abo baseleyo ndiya kubayekela kwiintshaba zabo, zibagqibezele ngekrele." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya uyakhalaza

[10]Awu, mama, ubundizalela ni? Ngoku sendingumntu wempikiswano nengxabano ehlabathini lonke! Andibolekisanga nganto, kungekho nabani endiboleke kuye, kodwa akukho mntu ungandiqalekisiyo.

[11] UNdikhoyo wathi kum: "Inene, ndokukhusela, kuba ndinenjongo elungileyo ngawe. Inene, iintshaba zakho ziya kubhenela kuwe ngexesha lentlekele nokubandezeleka.

[12]Unako na umntu ukuyaphula intsimbi, ngakumbi le ivela ngasentla, okanye mhlawumbi ubhedu?

[13]"Ubutyebi bakho nendyebo yakho, Sirayeli, ndobunikezela felefele bube lixhoba ngenxa yezono zakho ozenzileyo kulo lonke ilizwe.

[14]Ndiya kukunikela kwiintshaba zakho, zimke nawe, zikuse ezweni ongalaziyo, kuba ingqumbo yam ivutha okomlilo oya kukutshisa."

[15]Ke mna ndithe: "Wazi konke, Ndikhoyo. Ndikhumbule, undivelele. Ndiphindezelele kwabo bandisukelayo, uze undinyamezele

por tua causa tenho sofrido ofensas e humilhações.

[16] Quando a tua Palavra foi encontrada, eu comi cada frase e as digeri em meu íntimo; elas me nutrem dia após dia, são minha satisfação e júbilo maior; porquanto teu Nome foi invocado sobre mim, isto é, pertenço a ti!

[23]Wena othe zava entabeni yaseLebhanon, ondlu yakho yakhelwe emisedareni, useza kugcuma wakufikelwa yinimba, utsho uzibhija-bhije okomfazi olunywayo."

UThixo ugweba uJoyakin

[24] "Juro por minha vida e pelo meu Nome" declara Yahweh, "ainda que tu Coniáhu, Joaquim, filho de Jeoaquim, rei de Judá, fosses o anel real de selar da minha mão direita, Eu te arrancaria!

[24]Utsho umlomo kaNdikhoyo ukuthi: "Ndiyafunga, ndithi kuwe, Koniya, nyana kakumkani Joyakim wakwaJuda, nokokuba ubungumsesane endiwunxibe emnweni

wesandla sam sokunene, bendiya kukukhulula,

25 Eu te entreguei nas mãos dos que planejam tirar-te a vida e nas mãos daqueles a quem temes: na mão de Nabucodonosor, rei da Babilônia, e na mão dos caldeus.

25ndikunikele esandleni sabo uboyikayo bazungula ubomi bakho, nditsho ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli nabantu bakhe amaKaledi.

26 Expulsarei a ti e a tua mãe, que te deu à luz, para outra terra, onde não nascestes, mas na qual, certamente, morrereis.

26Ndiza kukuthatha kunye nonyoko, ndiniphose kwilizwe lasemzini, nifele apho."

27 Jamais retornarão à terra para a qual anseiam voltar!"

27Kaloku abasobe babuyele kwilizwe lakowabo abalilangazelelayo.

28 É este homem, Joaquim, algum vaso inútil e quebrado, um vaso que ninguém deseja? Por que razão ele e a sua linhagem foram expulsos e lançados para uma terra que não conhecem?

28Kutheni uKoniya engodelekileyo, efana nengqayi etyumkileyo, into engafunwa bani? Kutheni selelahlwa ephoswa kwilizwe angalaziyo yena kunye nentsapho yakhe?

29 Ó terra, terra, terra! Rogo-te: Ouve a Palavra do SENHOR!

29Mhlaba; mhlaba! O, hayi, lo mhlaba! Phulaphula! Nali ilizwi likaNdikhoyo!

30 Assim assevera Yahweh: "Registrai que este homem não tem filhos, homem que não terá sucesso em seus dias; pois ninguém de sua descendência prosperará o suficiente para assentar-se sobre o trono de Davi, tampouco governará outra vez em Judá!

30Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Lo mfo mbaleleni ekuthini ungongenanzala, into engayi kuba nankqubela lo gama isekhoyo. Nakwinzala yakhe akukho bani uya kuba nempumelelo, kungekho namnye oya kuhlala esihlalweni sikaDavide, alawule kwaJuda."

Jeremias 23

UJeremiya 23

Ukumkani olilungisa

1 "Ai dos pastores que destroem e dispersam as ovelhas das minhas pastagens!" exclama Yahweh.

1"Mawoo kubo abelusi abatshabalalisa imihlambi yedlelo lam!" Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

2 Portanto, assim declara o Eterno, o Deus de Israel, contra os pastores que apascentam o meu povo: "Vós dispersastes as minhas ovelhas e as afugentastes, e não zelastes delas. Eu vos castigarei pelo mal que cometestes!", afirma o SENHOR.

2Utsho ke ngoko uNdikhoyo onguThixo kaSirayeli kwabo belusi ukuthi: "Ngenxa yokuba imihlambi yam niyichithe nayithi saa, anayikhathalela, ndiza kunohlwaya ngenxa yobubi enibenzileyo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[3] "Eu, pessoalmente, reunirei os remanescentes do meu rebanho de todas as terras para onde os expulsei e os conduzirei de volta à sua pastagem, a fim de que cresçam e se multipliquem.

[4] Estabelecerei sobre o meu povo, pastores que saberão cuidar e conduzir estas minhas ovelhas. A minha gente jamais voltará a se apavorar ou sofrer de angústia, e todos serão arrebanhados!" - assevera o SENHOR.

O Renovo de Davi

[5] "E virá uma época", declara Yahweh, "em que levantarei da linhagem de Davi um Renovo Justo, um rei que reinará com sabedoria e fará o que é justo e correto na terra.

[6] Em seus dias Judá será salva, Israel viverá em segurança, e este é o Nome pelo qual será conhecido: 'Jeová-Tsidkenu, o SENHOR, é a Nossa Justiça'.

[7] "Portanto, vêm dias", diz Yahweh, "em que não mais se dirá: 'Juro pelo Nome do SENHOR, que tirou os israelitas da terra do Egito;

[8] mas se dirá: 'Juro em o Nome do SENHOR, que trouxe os descendentes de Israel da terra do Norte e de todas as nações para onde os deportou.' E eles viverão na sua própria terra e herança!"

Contra os falsos profetas

[9] Quanto aos profetas, no meu íntimo, meu coração está quebrantado; todos os meus ossos estremecem; sou como um homem embriagado, como um ser humano completamente dominado pelo vinho, por causa de Yahweh e das suas santas palavras.

[3]"Amasalela omhlambi wam ndiya kuwaqokelela emazweni onke endawachitha-chithela kuwo, ndiwabuyisele edlelweni lawo, aqhame ande.

[4]Abantu bam ndiza kubanika abelusi abaza kubalondoloza. Abayi kube babe naxhala nalunxunguphalo, kungayi kube sabakho bani ulahlekayo kwakhona." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[5]"Iyeza imihla," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "yokuba uDavide ndimvelisele kumnombo wakhe ihlumelo elililungisa: ukumkani oya kuphatha ngobulumko, enze okulungileyo nobulungisa kulo mhlaba.

[6]Ngemihla yakhe baya kuhlala bengabasindileyo abantu bakwaJuda, nakwaSirayeli bahlale bekhuselekile. Igama aya kubizwa ngalo lelithi: 'UNdikhoyo ububulungisa bethu.' "

[7]Ngoko ke nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Niyabona, kuza imihla apho abantu bangayi kubuya bathi xa befunga: 'Ekho nje uNdikhoyo owakhulula amaSirayeli eJiputa.'

[8]Ngaloo mihla baya kuthi: 'Ekho nje uNdikhoyo owakhulula inzala yamaSirayeli kwilizwe langasentla nakuwo onke amazwe awabachitha-chitha kuwo, ukuze ahlale kwelakowawo ilizwe.' "

Abashumayeli abakhohlisayo

[9]Nalu udaba malunga nabashumayeli: Intliziyo yam ikhathazekile; amathambo am anengevane. Ngenxa kaNdikhoyo namazwi akhe angcwele ndifana nomntu onxilileyo oyotywe butywala.

[10] Ora, toda a terra está repleta de adúlteros, e por causa da maldição a terra se desespera em pranto e as pastagens do deserto estão secas. Seu modo de vida é perverso e o seu poder apóia-se na falsidade.

[11] "Tanto o profeta como o sacerdote são profanos; até no Templo erguido em minha homenagem encontro espalhadas as suas iniquidades!" Denuncia Yahweh.

[12] "Por esse motivo, o caminho deles será como lugares barrentos e escorregadios nas trevas, para as quais serão excomungados e nelas se afundarão. Trarei a desgraça sobre eles, no ano do seu castigo!" - assevera Yahweh.

[13] "Entre os profetas de Samaria observei algo deveras hediondo: na verdade eles prognosticaram por Baal e assim desviaram Israel, o meu povo, do Caminho.

[14] E entre os profetas de Jerusalém vi também algo horrível: eles cometem adultério e vivem na mentira, e em falsidade. Estimulam os que praticam o mal, para que nenhum deles reflita e se converta de sua impiedade. Para mim são todos como Sodoma; e o povo de Jerusalém é como Gomorra!"

[15] Portanto, assim declara o Eterno dos Exércitos sobre os profetas: "Eu os farei comer comida amarga e beber água envenenada, porque dos profetas de Jerusalém a impiedade se espalhou por toda esta terra!"

[16] Assim afirma o SENHOR dos Exércitos: "Não deis ouvidos às palavras dos profetas, que vos pregam, enchendo-vos de ilusões; falam de uma visão que lhes sobe do próprio

[10]Lizele ngabantu abakrexezayo ilizwe, libharhile ilizwe ngenxa yesiqalekiso sikaNdikhoyo, amadlelo asentlango axwebile. Bahamba iindlela ezigwenxa; bangamagorha okwenza okungalunganga.

[11]"Kwa-abashumayeli nababingeleli abamhloneli uThixo; nasendlwini yam ndibhaqa amanyundululu." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[12]"Ngoko loo ndlela yabo iza kuba mtyibilizi, balahleke bawe emnyameni. Ndiza kubahlisela ishwangusha ngethuba lokohlwaywa kwabo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[13]"Kubashumayeli baseSamariya ndibone into emanyumnyezi: ndibone beshumayela ngoBhali, belahlekisa abantu bam amaSirayeli.

[14]Kubashumayeli baseJerusalem ndibone eligqithileyo isikizi; bona ngabakrexezi abaphila ngokuxoka. Bakhuthaza abantu ekwenzeni ububi, kungabikho namnye uguqukayo kwinkohlakalo yakhe. Xa bebonke kum bafana nabantu baseSodom; abemi balapho bafana nabaseGomora. "

[15]Ke naku akuthethayo uSomandla-onke uNdikhoyo ngokusingisele kubashumayeli baseJerusalem: "Ndiza kubanika ukutya okukrakrayo, ndibaseze amanzi anetyhefu, kuba abashumayeli baseJerusalem basasaze ukudela uThixo kulo lonke ilizwe."

[16]Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: "Ze ningayiphulaphuli into ethethwa kuni ngaba bashumayeli; banithembisa ilize. Banixelela ngemibono

coração e não dizem uma palavra que proceda da boca de Yahweh.

[17] Garantem constantemente aos que desprezam a Palavra do SENHOR: 'Não vos preocupeis; é certo que tereis paz!' E a todos os que seguem a teimosia dos seus corações afirmam: 'Nenhum mal virá sobre vós!'

[18] Porquanto quem dentre eles esteve no Conselho do SENHOR para que contemplasse e ouvisse a sua Palavra, ou quem esteve atento e compreendeu a sua Palavra a fim de obedecê-la?

[19] Aí está a tempestade de Yahweh! A sua fúria já foi desencadeada; eis que um vendaval vem sobre a cabeça dos ímpios.

[20] A ira de Yahweh não recuará até que ele tenha completado os seus propósitos. Em dias vindouros compreendereis claramente esta profecia.

[21] Eu não mandei esses profetas, entretanto eles próprios decidiram sair correndo, pregando uma mensagem que não lhes entreguei, mas que eles alardearam.

[22] Entretanto, se eles tivessem comparecido ao meu Conselho, anunciariam as minhas palavras ao meu povo e teriam cooperado para que, ouvindo a minha Palavra, viessem a se converter do seu mau caminho e da malignidade das suas ações.

[23] Portanto, assim indaga o SENHOR: "Sou Eu apenas Deus de perto? Não Sou Eu também Deus de longe?

[24] Pode alguém esconder-se em esconderijos sem que Eu o observe?", assevera Yahweh.

yeentliziyo zabo, benganazisi okuphuma emlonyeni kaNdikhoyo.

[17]Kwabalidelayo ilizwi lam basoloko besithi: 'Makube luxolo kuni.' Kwabo baqaqadekileyo bathi: 'Anisoze nihlelwe bububi.' "

[18]Ngubani na kubo olilungu legqugula likaNdikhoyo? Ingubani oluvayo noluqondayo udaba lwakhe? Ngaba ukho owakha waluphulaphula waluthathela ingqalelo?

[19]Niyabona, kuphuma kuNdikhoyo ulophu, nditsho isaqhwithi esoyikekayo esivuthuza phezu kweentloko zabangendawo.

[20]Lo msindo kaNdikhoyo awuyi kujika ade abe ukufezekisile oko akucebileyo entliziyweni yakhe. Kwimihla ezayo niya kuyiqonda kakuhle le ndawo.

[21]Abathunywanga ndim aba bashumayeli, kodwa noko basuke bagijima. Zange ndithethe nabo, kodwa bona basuke bashumayela.

[22]Ukuba bebekho kwigqugula lam ngebewavakalisa amazwi am endiwabhekisa ebantwini bam. Ngebebajikile kwiindlela zabo ezimbi nakwizenzo zabo ezikhohlakeleyo.

[23]"NdinguThixo wakufuphi na?" utsho umlomo kaNdikhoyo, "ndingabi nguThixo wakude na?

[24]Ikhona na indawo efihlakeleyo apho umntu angazimela khona ukuze ndingamboni?" Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Asindim na lowo ukho

ngokupheleleyo ezulwini nasemhlabeni?" Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

25 Tenho ouvido o que dizem esses profetas que proclamam mentiras em meu Nome, afirmando: 'Eis que tive um sonho! Tive uma visão!'

25"Ndiyivile into ethethwa ngâbo bashumayeli bashumayela ubuxoki egameni lam. Bathi: 'Ndiphuphe iphupha! Ndiphuphe iphupha!'

26 Até quando os profetas continuarão a profetizar mentiras e as ilusões de suas próprias mentes?

26Koda kube nini na iqhubeka le nto eyenziwa ngabashumayeli abashumayela ubuxoki, bevakalisa inkohliso yeengcinga zabo?

27 Eles imaginam que os sonhos que contam uns aos outros farão o povo desprezar o meu Nome, assim como os seus antepassados esqueceram o meu Nome por causa de Baal.

27Bacinga ukuba la maphupha bawachazayo aya kwenza ukuba bandilibale abantu bam, baxele ooyise-mkhulu abândilibalayo banqula uBhali.

28 O profeta que tem um sonho conte a visão; e aquele que tem a minha Palavra, pregue fielmente a minha Palavra. Porquanto o que tem a palha a ver com o trigo?", questiona o SENHOR.

28Umshumayeli ongumchazi-maphupha makatsho ukuba uchaza nje iphupha, kodwa lowo ushumayela evakalisa amazwi am makenjenjalo ngentembeko. Ufunani umququ engqoloweni?" Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

29 "Não é a minha Palavra como o fogo mais poderoso?", indaga Yahweh, "e como uma marreta que despedaça a rocha?

29"Alinjengomlilo na ilizwi lam, lingenjengehamile na eyaphula ilitye lenyengane?" Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

30 Portanto", afirma Yahweh, "estou contra os profetas que roubam uns dos outros as minhas palavras.

30Nguwo lo ke umlomo kaNdikhoyo: "Ndibachasile abo bashumayeli abeba omnye komnye amazwi angathi ngawam.

31 Sim", declara Yahweh, "estou contra os profetas que com as próprias línguas declaram oráculos.

31Ndibachasile kwanabo bashumayeli bashumayela ngobabo ubuciko, suka bathi: 'Utsho uNdikhoyo.' "

32 Sim! Estou contra os que proclamam falsos sonhos!", afirma o SENHOR. "Eles os comunicam e com as suas mentiras irresponsáveis desviam o meu povo. Eu jamais os enviei, tampouco os autorizei a pregar; eles não produzem qualquer

32Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Niyabona, ndibachasile abo bashumayela ubuxoki bamaphupha abo. Bayawachaza, baze balahlekise abantu bam ngokuzigwagwisa kwabo. Abathunywanga ndim, yaye bengagunyaziswanga ndim.

benefício a ninguém do meu povo!", assevera Yahweh.

[33] "Quando este povo ou um profeta ou um sacerdote te indagar: 'Qual é a mensagem solene e pesada da qual Yahweh te encarregou?' Então lhes dirás: 'Vós sois a minha carga pesada! E eis que Eu vos abandonarei!", afirma o SENHOR.

[34] "E se o profeta, o sacerdote ou alguém do povo disser: 'Esta é a sentença encarregada por Yahweh!', então castigarei aquele homem e a sua família.

[35] Assim, pois, direis, cada um ao seu próximo e cada um a seu amigo ou parente: 'O que respondeu o SENHOR? O que falou o SENHOR?

[36] Mas nunca mais fareis menção da sentença encarregada por Yahweh, porque a Palavra que cada um proferir lhe servirá de sentença. Pois distorceis as palavras do Deus vivo, do Eterno dos Exércitos, o nosso Deus.

[37] Assim dirás ao profeta: 'Qual é a resposta do SENHOR para vós?' Ou 'O que Yahweh comunicou?'

[38] Se, contudo, disserdes: 'Esta é a mensagem da qual o SENHOR me encarregou'", assim declara o SENHOR: "Porque dizeis: 'Esta é a mensagem da qual Yahweh me encarregou', quando Eu vos adverti que não dissésseis isso.

Futhi akukho nto konke babanceda ngayo aba bantu." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Umthwalo kaNdikhoyo

[33]"Xa aba bantu bekubuzayo, nokuba ngumshumayeli nokuba ngumbingeleli, besithi: 'Udaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo luthini?' uze uthi: 'Ungumthwalo wena kuNdikhoyo; ibe uza kukothula.' " Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[34]"Xa kukho umntu, nokuba ngumshumayeli, nokuba ngumbingeleli, othi xa ethetha: 'Nalu udaba lukaNdikhoyo,' loo mntu uya kohlwaywa kunye nentsapho yakhe.

[35]"Nisoloko nibuza kubahlobo nakwizizalwane nisithi: 'Impendulo kaNdikhoyo ithini? Uthini uNdikhoyo?'

[36]Kambe maningabi sawasebenzisa amazwi athi: 'Nalu udaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo,' kuba ilizwi lomntu ngamnye losuka libe ludaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo kuye, abe ewagqwetha amazwi kaThixo onguThixo wethu ophilayo, uNdikhoyo uSomandla-onke.

[37]Nibuza kubashumayeli nisithi: 'Itheni impendulo kaNdikhoyo? Utheni uNdikhoyo?'

[38]Ukuba nithi: 'Nalu udaba olundilisekileyo lukaNdikhoyo,' ndibe mna bendithe ze ningabi sawathetha amazwi athi: 'Nalu udaba lukaNdikhoyo,'

[39] Por este motivo vos desprezarei e me esquecerei de vós; eis que vos lançarei fora da minha presença, juntamente com a cidade que vos entreguei como herança e aos vossos antepassados.

[40] Eis que trarei sobre vós humilhação perpétua e uma vergonha permanente, que jamais será esquecida!”

[39]ngako oko, niyabona, ndiza kunithatha ndiniphose kude lee kunye neso sixeko senu ndasinika ookhokho benu.

[40]Ndonihlisela ihlazo elingenasiphelo nokuphoxeka okungasokuze kulibaleke.”

Jeremias 24

Mediante dois cestos de figos, o futuro do povo é revelado

[1] Então Yahweh mostrou-me dois cestos de figos colocados diante do Templo do SENHOR. Isso ocorreu depois que Nabucodonosor levou de Jerusalém, para o exílio na Babilônia , Iehoniáhu ben Iehoiankim, Jeconias filho de Jeoaquim, rei de Judá, os líderes da Judá, e os artesãos e artífices.

[2] Um dos cestos continha figos muito bons, como os que amadurecem logo no princípio da colheita; os figos do outro cesto eram ruins, amargosos e intoleráveis ao paladar.

[3] Então Yahweh me indagou: “Que vês, Jeremias?” E eu respondi: Figos. Os bons são muito bons, mas os ruins são insuportáveis.

[4] Então o SENHOR dirigiu a mim a sua Palavra e me revelou:

[5] “Assim diz Yahweh, o Deus de Israel: Considero como esses bons figos os deportados de Judá, os quais expulsei deste lugar para a terra dos caldeus, os babilônios, a fim de prover-lhes o que é bom.

UJeremiya 24

Iingobozi ezimbini zamakhiwane

[1] UNdikhoyo wandibonisa iingobozi ezimbini zamakhiwane zibekwe ngaphambi kwendlu kaNdikhoyo. Le nto yehla emveni kokuba ukumkani uJekoniya unyana kaJoyakim, kunye neziphathamandla, namagcisa, nabasebenzi bentsimbi bakwaJuda, bathinjwayo ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, ebasusa eJerusalem, ebasa eBhabheli.

[2]Enye ingobozi yayinamakhiwane amahle kunene, la avuthwa kuqala; enye inamakhiwane amabi kakhulu, angenakutyiwa.

[3] UNdikhoyo wathi kum: “Jeremiya, ubona ntoni na?” Mna ndithe: “Ndibona amakhiwane. Amahle mahle gqitha; amabi mabi mpela – zizinto ezingenako nokutyiwa oku.”

[4]Livakele lisithi ke kum ilizwi likaNdikhoyo:

[5]“Utsho ke uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Abathinjwa bakwaJuda endabasusa kweli lizwe ndabasa kwelamaKaledi ndibafanisa nala makhiwane mahle.

[6] Fixarei meus olhos sobre eles, para o seu bem, e os trarei de volta a esta terra. E os edificarei, e não os demolirei; plantarei e não os arrancarei mais.

[6]Ndiya kuhlala ndibabonelela, ndibabuyisele kwalapha. Ndiya kubakha, ndingabachithi; ndiya kubamilisela, ndingabancothuli.

[7] Eu lhes darei um coração capaz de conhecer-me e de compreender que Eu Sou Yahweh, o SENHOR. Serão o meu povo e Eu serei o seu Deus, pois eles se voltarão para mim de todo o coração.

[7]Ndobafaka intliziyo endiqondayo, bazi ukuba uNdikhoyo ndim. Baya kwandula ke ukuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo, kuba kaloku bobuyela kum ngomxhelo wabo wonke.

[8] Todavia, como se procede com os figos ruins e intragáveis", diz Yahweh, "do mesmo modo tratarei com Zedequias, rei de Judá, com os seus príncipes e líderes, e com os sobreviventes de Jerusalém, tanto os que permanecem nessa terra como os que vivem no Egito.

[8]"Kodwa yena ukumkani wakwaJuda uZedekiya neziphathamandla zakhe, namasalela eJerusalem, nokuba alapha okanye aseJiputa, bona ndibafanisa nala makhiwane mabi, angenako nokutyiwa oku." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[9] Eu os tornarei alvo de terror e de desgraça diante de todos os reinos da terra. Para todos os lugares para onde Eu os banir eles se tornarão um exemplo de grande humilhação; objeto de ridículo, vergonha e maldição.

[9]"Ndiya kubatsho babe nomdintsi nezothe kulo lonke ilizwe. Baya kuba zizinto ezisisingcikivo, ezilihlazo nentlekisa, babe sisiqalekiso naphi na apho ndibachitha-chithela khona.

[10] Enviarei contra eles a guerra, a fome e as doenças epidêmicas até que sejam exterminados da terra que dei a eles e aos seus antepassados!"

[10]Ndiza kubahlisela ikrele nendlala nobhubhani, bade baphele nya kweli lizwe ndalinika bona nooyise-mkhulu."

Jeremias 25

Os setenta anos do cativeiro e depois a ruína da Babilônia e das outras nações

[1] No quarto ano de Jeoaquim, filho de Josias, rei de Judá, no primeiro ano de Nabucodonosor, rei da Babilônia, esta palavra veio a Jeremias a respeito de todo o povo de Judá;

UJeremiya 25

Amashumi asixhenxe eminyaka yokuthinjwa

[1]Kunyaka wesine ukumkani uJoyakim, unyana kaJosiya, elawula kwaJuda, lavakala ilizwi kuJeremiya, livela kuNdikhoyo, limayela nabantu bakwaJuda xa bebonke. Lo yayingunyaka wokuqala uNebhukadenezare elawula eBhabheli.

[2] e o profeta Jeremias proclamou-a em toda a terra de Judá e a todos os habitantes de Jerusalém, profetizando:

[3] "Durante vinte e três anos a Palavra de Yahweh tem vindo a mim, desde o décimo terceiro ano de Josias, filho de Amom, rei de Judá, até o dia de hoje. E eu a tenho anunciado a vós, pregando-vos insistentemente. Mas vós não tendes dado ouvidos.

[4] De igual modo o SENHOR vos mandou com insistência todos os seus servos, os profetas; contudo, não destes atenção tampouco inclinastes os ouvidos para ouvir,

[5] quando vos alertavam: 'Convertei-vos agora cada um do seu mau caminho e da malignidade das suas atitudes; e habitareis na terra que Yahweh deu a vós e a vossos antepassados, desde os tempos da antiguidade e para sempre.

[6] Não sigais outros deuses para os servir e adorar, nem me provoqueis à ira com a obra de vossas mãos; e não trarei mal algum sobre vós!

[7] Entretanto, não me destes ouvidos", diz o SENHOR, "e ainda me provocastes à cólera por meio do vosso procedimento, contribuindo para o vosso próprio mal.

[8] Portanto, assim afirma o Eterno dos Exércitos: 'Visto que não destes ouvidos às minhas palavras,

[9] chamarei todos os povos do Norte', diz Yahweh, 'como também Nabucodonosor, rei da Babilônia, meu servo, e os trarei sobre esta terra, sobre os seus moradores e sobre todas estas nações em redor. Eu os destruirei

[2]UJeremiya wathetha nabantu bakwaJuda nabemi baseJerusalem xa bebonke, wenjenje:

[3]"Kwiminyaka engamashumi mabini anantathu ukuza kuthi ga ngoku, kususela kunyaka weshumi linantathu elawula ukumkani uJosiya unyana ka-Amon, ilizwi likaNdikhoyo lalisoloko lifika kum, ndibe nam ndiphindelela ukubhekisa kuni. Koko nina nisuke anahoya nto kwaphela.

[4]Naxa ephindelela uNdikhoyo ukunithumela zonke izicaka zakhe ezingabashumayeli, nisuke nina aneva, analibekela indlebe ilizwi lakhe.

[5]Abo bashumayeli babesithi: 'Guqukani elowo kwimikhwa yakhe emibi, nakwizenzo zakhe ezimdaka, khon' ukuze niwuhlale ngonaphakade kanaphakade lo mhlaba wanikwa nina nooyihlo-mkhulu nguNdikhoyo.'

[6]Babesithi: 'Ze ningalandeli thixo bambi, nibakhonze, niqubude kubo. Ze ningamcaphukisi uNdikhoyo ngezithixo enizenze ngezenu izandla, ukuze anganihliseli intlekele.'

[7]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo, uthi: 'Nina anindiphulaphulanga, suka nandicaphukisa ngoothixo enibenze ngezandla zenu, naza nazibizela ububi.'

[8]"Ngoko ke, utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: 'Niyabona, ngenxa yokuba ningafunanga kundiva,

[9]ndinibizela izizwe zonke zangasentla, kunye nesicaka sam ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. 'Ndibathumela kweli lizwe nabemi balo nazo zonke

totalmente e farei que se tornem alvo de terror, de zombaria, vergonha e perpétua desolação.

10 Farei cessar dentre eles a voz de exaltação, de júbilo e grande alegria; a voz do noivo e a voz da noiva, o som do moinho e a luz do candeeiro.

11 Toda esta terra se transformará em um monte de entulho e tristeza; e estas nações servirão ao rei da Babilônia por um período de setenta anos.

12 Quando se completarem os setenta anos, julgarei e agirei contra o rei da Babilônia e a sua nação, a terra dos caldeus e babilônios, por causa de suas próprias iniquidades', assevera Yahweh, 'e deixarei esta terra completamente arrasada para sempre.

13 Cumprirei naquela terra tudo o que adverti que faria contra ela, exatamente tudo o que está escrito neste livro e que Jeremias profetizou contra todas as nações!

14 Porquanto os próprios babilônios serão feitos de escravos por muitas nações e grandes reis; Eu lhes pagarei conforme as suas atitudes e as suas obras!'

15 Então, eis o que me ordenou Yahweh: "Toma da minha mão este cálice do vinho da minha ira e faz que o bebam todas as nações a quem eu te enviar.

16 Beberão, cambalearão e enlouquecerão por causa da espada que enviarei entre elas.

iintlanga ezilingqongileyo. Ndiza kunitshabalalisa kuphele tu, ndinenze nibe ngumbono ombi, into enezothe, kube linxuwa kuni ngonaphakade.'

10"Ndoyiphelisa loo ntswahla yemigcobo nemincili yabo, lingabi savakala izwi lomyeni nelomtshakazi. Sophela isandi selitye lokuguba, izibane zabo zicime.

11Liya kutsho libe yinkangala ngamanxuwa lonke ilizwe, zize ezi zizwe zibe zizicaka zokumkani waseBhabheli iminyaka engamashumi asixhenxe.

12"Emva kwaloo minyaka imashumi asixhenxe ke ukumkani waseBhabheli ndomohlwaya kunye nesizwe sakhe ngenxa yobugwenxa babo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Nelizwe lamaKaledi ndolenza libe yinkangala ngonaphakade.

13Elo lizwe ndolihlisela zonke izinto endazithethayo – nditsho zonke ezibhaliweyo kuyo le ncwadi, ezo bezishunyayelwa nguJeremiya ngeentlanga zonke.

14Kwa-amaBhabheli oba ngamakhoboka ezizwe ezininzi neekumkani ezinamandla. Ndiza kuwabuyekeza ngokwezenzo zawo nemisebenzi yawo."

Izel' ibhekile yingqumbo kaThixo

15 UNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, watsho kum ukuthi: "Ina, thatha le bhekile izele iwayini eyingqumbo yam, uyiseze zonke iintlanga endiya kukuthuma kuzo.

16Zakuyisela ziya kutsho zididizele, ziphambane ngenxa yekrele endiza kuzihlisela lona."

[17] Então peguei o cálice da mão do SENHOR e fiz com que dele bebessem todas as nações às quais Yahweh me mandou:

[18] Jerusalém e as cidades de Judá, seus reis e seus líderes, para fazer deles uma só desolação e um objeto de horror, zombaria, vergonha e maldição, como hoje se vê acontecendo;

[19] o Faró, rei do Egito, a seus servos e príncipes, e a todo o seu povo;

[20] toda a população estrangeira, todos os reis da terra de Uz e todos os reinos da terra dos filisteus, Asquedom, Gaza, Ecrom e o que resta de Asdode;

[21] e Edom, Moabe e os amonitas;

[22] e todos os reis de Tiro e de Sidom, e os reis das terras de além-mar;

[23] Dedã, Temá, Buz e todos os que rapam a cabeça;

[24] e os reis da Arábia e todos os reis dos estrangeiros que vivem no deserto;

[25] todos os reis de Zinri, de Elão e da Média;

[26] e todos os reis do Norte, próximos ou distantes, um após outro; e todos os reinos da face da terra. Depois de todos eles, o rei de SESAQUE, Babilônia, do mesmo modo beberá do cálice.

[27] Em seguida profetizarás: Eis que assim diz o Eterno Todo-Poderoso, o Deus de

[17]Ndayithatha ke loo ndebe esandleni sikaNdikhoyo, ndayiseza zonke iintlanga awayendithume kuzo.

[18]Ndayisa eJerusalem nakuzo zonke iidolophu zakwaJuda, neekumkani neziphathamandla zazo, basela, yatsho yayinkangala, into eyoyikekayo, intlekisa nesiqalekiso, njengoko isenjalo nanamhla.

[19]Abathe basela kuloo bhekile ngaba: Ukumkani waseJiputa kunye namagosa akhe neziphathamandla, nabo bonke abantu baseJiputa,

[20]kwakunye nabangeneleli; bonke ookumkani belaseUzi, nabo bonke ookumkani bezixeko zamaFilistiya: iAshkelon, iGaza, iEkron, namasalela aseAshdodi;

[21]bonke abantu base-Edom, eMowabhi, naseAmon, bayisela;

[22]ookumkani baseTire naseSidon bonke; ookumkani bamazwana angaphesheya kolwandle nabo bayisela,

[23]kunye nezixeko zaseDedan, eTema, naseBhuze, nabantu abacheba iinwele ezintlafunweni basela;

[24]ookumkani bama-Arabhu, nookumkani bezizwe ezingumxube zasentlango;

[25]nookumkani baseZimri nase-Elam naseMediya,

[26]nabo bonke ookumkani basemantla, abakude nabakufuphi ngokulandelelana. Zonke izizwe eziphezu komhlaba zimelwe kukusela kuloo bhekile yengqumbo kaThixo. Ekugqibeleni ke iya kuba ngukumkani waseSheshaki oya kusela.

[27]“Baxelele ke abantu uthi: ‘UNdikhoyo uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, utsho

Israel: Bebei e embebedai-vos, vomitai e caí, e não volteis a vos erguer, por causa da guerra que mandarei sobre todos vós.

ukuthi: Selani ninxile nide nihlanze, niwe ningavuki ngenxa yekrele endinizisela lona.'

28 Se recusarem pegar o copo da tua mão para beber, então lhes obrigarás, dizendo: Assim diz Yahweh dos Exércitos: Em verdade bebereis deste cálice!

28Xa besala ukuyithatha basele loo bhekile isezandleni zakho, uze uthi: 'Kutsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: Selani! Nakanjani na, selani!

29 Pois se trago a calamidade até sobre a cidade que se chama pelo meu próprio Nome, imaginais que podereis ficar impunes? Ora, certamente, não havereis de ficar sem o devido juízo; sendo assim, eis que mando a espada sobre todos os moradores da terra!", declara o Eterno Todo-Poderoso.

29Niyabona, ndiza kuqala apha kanye kwesi sixeko sibizwa ngegama lam, ndisihlisele intlekele. Niba nina niya kubhunca? Aningekhe ningohlwaywa, kuba ndibazisela ikrele bonke abemi behlabathi. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo uSomandla-onke.'

30 Tu, portanto, lhes profetizarás todas estas palavras e lhes afirmarás: Yahweh ruge do alto e da sua santa morada o seu trovão será ouvido. Rugirá fortemente contra a sua habitação; dará brados, como os que pisam as uvas, contra todos os moradores da terra.

30"Wena ke, bashumayeze ubaxelele olu daba, uthi: " 'UNdikhoyo uyazongoma esibhakabhakeni; izwi lakhe lihlokoma ekhayeni lakhe elilodwa. Ugragramela umhlaba wakhe ngamandla; utsho ngentswahla okwabaxovula iidiliya, ebhekisa kubemi behlabathi xa lilonke.

31 O estrondo chegará até a extremidade da terra, porque Yahweh tem uma peleja contra as nações, entrará em juízo com todo ser humano. Quanto aos ímpios, ele os entregará ao fio da espada", revela o SENHOR.

31Intlokoma yovakala naseziphelweni zehlabathi, kub' uNdikhoyo wob' esisa izizwe ematyaleni, lugwetywe lonke uluntu, amatshijolo awanikele kwikrele.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

32 Assim diz Yahweh: "Atentai! O mal está se espalhando de nação em nação; uma terrível tempestade se ergue desde os confins da terra!"

32Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: 'Yehl' intlekele! Isuka kwesi sizwe, iye kwesiya, oku kwenkanyamba evela kumaphethelo elizwe.' "

33 Naquele Dia, os mortos por Yahweh estarão espalhados por todo lugar, de um lado ao outro da terra. Ninguém ranteará por eles, e seus corpos não serão recolhidos

33Ngelo xesha ke bonke abo babulewe nguNdikhoyo boba bethe saa ngeenxa zonke – ukususela kweli cala lomhlaba, kuse kweliya. Abayi kuzilelwa; abayi kuqokelelwa; bengayi kungcwatywa. Baya

e sepultados, mas servirão de esterco sobre solo árido.

[34] Chorai, lamentai e clamai com toda voz, ó pastores; revolvei-vos nas cinzas, vós que sois os líderes do rebanho; pois já chegou o Dia de serdes mortos, e Eu vos despedaçarei, e vós então caireis como carneiros selecionados para a matança.

[35] E não haverá refúgio para os pastores nem escapatória para os líderes do rebanho.

[36] Aí está o grito de pesar dos pastores, o choro dos chefes do rebanho, pois Yahweh está destruindo completamente as pastagens deles.

[37] Os pastos outrora tranquilos estão arrasados por causa do fogo da ira do SENHOR.

[38] Como um leão, ele saiu enfurecido de sua toca; a terra deles ficou devastada por causa da violenta espada do opressor e fogo de sua ira.

Jeremias 26

Jeremias prediz a ruína do templo e de Jerusalém e corre perigo de morte

[1] No início do reinado de Jeoaquim, filho de Josias, rei de Judá, veio a seguinte Palavra da parte do SENHOR:

[2] "Assim diz Yahweh: Coloca-se no pátio do Templo do SENHOR e diz a todo o povo das cidades de Judá que vem adorar na Casa de Yahweh, todas as palavras que te ordeno que lhes fales; não omitas, pois, uma só palavra!

[3] Pode ser que ouçam e se convertam cada um do seu mau caminho, para que Eu desista da desgraça que estou a ponto de

kudunduluza okwamalongwe phezu komhlaba.

[34]Yitshoni ngesimbonono, nina belusi, niziqikaqike eluthulini, nina zikhwakhwamela zomhlambi. Ligalelekile kaloku ixesha lokuxhelwa kwenu; niza kuqikileka, niqhekeke, nixel' iingqayi zexabiso.

[35]Ophela amahlathi kuni, belusi; nani, zikhwakhwamela zomhlambi, anisayi kuphuncuka.

[36]Bayambomboloza abelusi; ziyangquleka izikhwakhwamela zomhlambi; kuba kaloku uNdikhoyo ulibharhisile idlelo.

[37]Zitsho zangumqwebedu neentili eziluhlaza, ngenxa yengqumbo erhwaqelisayo kaNdikhoyo.

[38]Wofulathela axel' ingonyama ishiy' isikhundla, kube yintshabalalo ezweni labo, ngenxa yoburhalarhume bomsindo wakhe, nangenxa yengqumbo erhwaqelisayo.

UJeremiya 26

Izisongelo kuJeremiya ngenxa yentshumayelo yakhe

[1]Ndafikelwa lilizwi livela kuNdikhoyo, esaqala ukulawula uJoyakim,ukumkani wakwaJuda, unyana kaJosiya, lisithi:

[2]"Utsho uNdikhoyo ukuthi: Yiya phaya eyadini yendlu kaNdikhoyo, ufike uthethe nabo bonke abantu beedolophu zakwaJuda abeze kunqulela endlwini kaNdikhoyo, ubaxelele konke endakuyalela kona, ungashiyi nento le.

[3]Mhlawumbi bangeva aba bantu, elowo aguquke ayiyeke imikhwa yakhe emibi. Nam ke ndorhoxa ekubahliseleni intlekele

enviar-lhes por causa de toda a malignidade que eles vêm praticando.

4 Diz-lhes portanto: Assim diz o SENHOR: Se não me obedecerdes para andardes na minha Torá, Lei, que estabeleci diante de vós,

5 e para ouvirdes as palavras dos meus servos, os profetas, os quais vos tenho enviado, embora não lhes tenhais dado ouvidos;

6 então farei deste Templo o que fiz do Santuário de Siló, e desta cidade, um objeto de maldição entre todas as nações da terra!"

7 Os sacerdotes, os profetas e todo o povo ouviram Jeremias anunciar essas palavras no Templo de Yahweh.

8 Quando Jeremias terminou de pregar tudo quanto o SENHOR lhe havia ordenado que comunicasse ao povo, os sacerdotes, os profetas e todo o povo o agarraram e o ameaçaram, esbravejando: "Agora certamente morrerás!

9 Por que profetizaste em o Nome de Yahweh, dizendo que esta Casa será como Siló, e esta cidade ficará deserta e desabitada?" E todo o povo se ajuntou em torno de Jeremias no Templo do SENHOR.

10 Quando os líderes de Judá souberam disso, foram do palácio real até a Casa de Yahweh e se assentaram para julgar, à entrada da chamada Porta Nova do Templo do SENHOR.

11 E os sacerdotes e os profetas reivindicaram diante dos líderes e de todo o povo ali reunido: "Este homem deve ser

njengoko besendigqibe ukwenjenjalo ngenxa yezenzo zabo ezimdaka.

4"Yithi kubo: Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Ukuba nineenkani, naza anawuthobela umyalelo endinimisele wona,

5ningawahoyi namazwi ezicaka zam abashumayeli endiphindelele ukubathumela kuni naxa beningaphulaphuli kakade,

6le ndlu ndoyenza ifane neShilo, nesi sixeko sitsho sibe yinto ekuqalekiswa ngayo phakathi kwezizwe zehlabathi.' "

7Ababingeleli, nabashumayeli, kwakunye nabantu xa bebonke, bamva uJeremiya ewathetha la mazwi endlwini kaNdikhoyo.

8Uthe nje akugqiba ukuthetha yonke loo nto kwakuthiwe aze ayithethe nguNdikhoyo, ababingeleli nabashumayeli, bekunye nabantu bonke, bamthi hlasi, bathi: "Uza kufa wena!

9Kutheni ukuba ushumayele ngegama likaNdikhoyo uthi le ndlu iza kufana neShilo, esi sixeko sitshabalale sibe yinkangala ngamanxuwa, singahlalwa mntu?" Bamvingcela kuloo ndlu kaNdikhoyo uJeremiya bonke abantu.

10Zithe ezi ndaba zakufika kwiziphathamandla zakwaJuda, zatsho zagxalathelana ukusuka ebhotwe, zisiya endlwini kaNdikhoyo, zafika zaya kutsho ezihlalweni zazo ngakwiSango eLitsha lendlu kaNdikhoyo.

11Ababingeleli nabashumayeli babhekisa kwiziphathamandla nabo bonke abantu, besithi: "Lo mntu ufanelwe kukugwetyelwa

condenado sumariamente à morte, porque profetizou contra a cidade, como escutastes com vossos próprios ouvidos!”

ukufa; niyive ngokwenu into ayishumayele ngesi sixeko!”

[12] Então Jeremias se defendeu perante todos os chefes e a todo o povo aglomerado: “Eis que Yahweh mandou-me para profetizar contra este Templo, e contra esta cidade, por meio de toda a Palavra que ouvistes da minha boca!

[12]UJeremiya ubhekise kwiziphathamandla nakubantu bonke, wenjenje: “NguNdikhoyo ondithume ukuba ndishumayele ezi zinto benindiva ndizithetha ngale ndlu nesi sixeko.

[13] Agora, pois, endireitai os vossos caminhos tortos e as vossas ações malignas, e dai atenção a voz do SENHOR, vosso Deus, e Yahweh se arrependerá do mal que pronunciou contra vós.

[13]Ngoko yahlukanani nale mikhwa mibi yenu nezenzo zenu ezimdaka, nimthobele uNdikhoyo uThixo wenu. Uya kwandula ke uNdikhoyo ukusirhoxisa isigqibo sokunihlisela intlekele.

[14] Entretanto, eu estou nas vossas mãos; fazei a mim o que vos parecer bom e justo.

[14]Mna okokwam ndisezandleni zenu; yenzani loo nto nibona ifanele ukwenziwa.

[15] Estai, porém, plenamente certos de que, se me matardes, poreis sobre vós mesmos, a culpa pelo sangue inocente que ides derramar. Pois, na verdade, o SENHOR me enviou a vós, para anunciar-vos todas essas palavras.”

[15]Kambe ke nize nazi kakuhle ukuba xa nindibulala noba netyala lokuphalaza igazi elimsulwa, nikunye nesi sixeko nabemi baso, kuba mna ngenene ndithunywe nguNdikhoyo ukuba ndize kuwathetha kuni la mazwi niwevileyo.”

[16] Então os líderes e todo o povo solicitaram aos sacerdotes e aos profetas: “Ora, este homem não deve ser sentenciado à morte, porquanto ele nos falou, de fato, em o Nome de Yahweh, nosso Deus.

[16]Iziphathamandla zikunye nabantu bonke, zathi kubabingeleli nabashumayeli: “Lo mntu akasifanelanga isigwebo sokufa! Uthetha nathi egameni likaNdikhoyo uThixo wethu.”

[17] Também alguns dos anciãos, os líderes da terra, se levantaram e testemunharam diante de toda a assembleia do povo:

[17]Kwavela amadoda amakhulu elo zwe, abhekisa kuloo ntlanganiso, athi:

[18] “Miqueias, da cidade de Moresete, profetizou nos dias de Ezequias, rei de Judá, e assim pregou a todo o povo de Judá: ‘Eis que assim diz o Eterno Todo-Poderoso: Sião será arada por completo, como se fosse apenas um campo ruim para o plantio. Jerusalém ser tornará um monte de entulho,

[18]“Ngemihla kakumkani uHezekiya wakwaJuda kwabakho umfo waseMoreshete, owayenguMika igama, owathetha nabantu bonke bakwaJuda esithi: ‘Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: “ ‘Iya kuphethulwa ixel' intsim' ilinywa iZiyon, yona iJerusalem ibe

a colina do Templo, se transformará num monte coberto de mato bravo!'

19 "Porventura Ezequias, rei de Judá, ou alguém do povo de Judá o matou? Ezequias não amou reverentemente a Yahweh e não buscou a sua misericórdia? E o SENHOR não se arrependeu da desgraça que pronunciara contra eles? Ora, estamos passando por situação semelhante, e a ponto de provocar uma terrível calamidade sobre nós!"

20 Outro profeta que pregou em o Nome do SENHOR foi Uriáhu ben Shemaiáhu, Urias filho de Semaías, de Kiriát-Haiearim. Ele profetizou contra esta cidade e contra esta terra as mesmas advertências anunciadas por Jeremias.

21 Quando o rei Jeoaquim, todo o seu exército e todos os seus oficiais souberam dessa notícia, o rei procurou rapidamente exterminá-lo. Sabendo disso, Urias teve medo e fugiu para o Egito.

22 Mas o rei Jeoaquim mandou ao Egito Elnatan ben Ahbor, Elnatã filho de Acbor, e com ele homens,

23 os quais trouxeram Urias do Egito e o levaram ao rei Jeoaquim, que o mandou matar à espada. Depois, sem piedade, atiraram o corpo dele numa vala comum.

24 Mas Ahicám ben Shafan, Aicã filho de Safã, defendeu Jeremias, de forma que ele não foi entregue nas mãos dos homens do povo, para ser morto.

Jeremias 27

Jeremias aconselha submissão ao rei da Babilônia

yimfumba yamabhodlo, intaba yendlu kaThixo yona ibe ziinduli ezinamahlathi.'

19"Ingaba uMika wabulawa na ngukumkani uHezekiya kunye nabantu bakwaJuda? Akazange na uHezekiya amoyike uNdikhoyo azicelele isisa kuye? Akazange na yena uNdikhoyo ayirhoxise intlekele abeselegqibe ukubahlisela yona? Thina sisemngciphekweni wokuzihlisela ishwangusha!"

(20Kukwakho nomnye umfo owayengu-Uriya unyana kaShemaya waseKiriyati-yarim owayeshumayela naye egameni likaNdikhoyo, ethetha kwale nto ithethwe nguJeremiya ngesi sixeko neli lizwe.

21Ukumkani uJoyakim kunye namagorha akhe neziphathamandla zonke wafuna ukumbulala akuliva udaba lwakhe. Wathi akuyiva loo nto u-Uriya, wasabela eJiputa.

22Ukumkani uJoyakim wamthumela eJiputa apho uElinatan unyana ka-Akebhore, eneqela lamadoda, ukuba aye kumlanda u-Uriya.

23Babuye naye eJiputa, bamsa kukumkani Joyakim, owathi u-Uriya makaxatyelwe ngekrele, umzimba wakhe uye kulahlwa apho kungcwatyelwa khona abantu abaphantsi.)

24Kwavela uAhikam unyana kaShafan, waxhasa uJeremiya, akabi sanikezelwa ke eluntwini ukuba abulawe.

UJeremiya 27

UJeremiya uthwala idyokhwe

[1] No princípio do reinado de Zedequias, filho de Josias, rei de Judá, veio a Palavra do SENHOR ao profeta Jeremias, nestes termos:

[2] Assim me disse Yahweh: "Faz para ti um jugo com cordas e pedaços de madeira e coloca-o sobre o pescoço.

[3] Depois, envia outros com mensagens aos reis de Edom, de Moabe, dos amonitas, de Tiro e de Sidom, por meio dos mensageiros que vêm a Jerusalém encontrar-se com Zedequias, rei de Judá.

[4] Tu lhes ordenarás que transmitam aos seus senhores esta notícia: Assim diz o Eterno Todo-Poderoso, o Deus de Israel:

[5] Eu fiz a terra, os seres humanos e todos os animais que nela estão por intermédio do meu magnífico poder e através do meu braço estendido, e dou-a a quem Eu entender que a devo dar.

[6] Sendo assim, agora, pois, Eu mesmo entrego todas estas nações nas mãos do meu serviçal Nabucodonosor, rei da Babilônia; dou-lhe até mesmo os animais selvagens, para que o sirvam.

[7] Eis que todas as nações estarão sujeitas a ele, a seu filho e a seu neto; até que chegue a hora em que a terra dele seja subjugada por muitas nações e por reis poderosos.

[8] Se, contudo, alguma nação ou reino recusar-se à total submissão a Nabucodonosor, rei da Babilônia, nem dispor o pescoço ao seu jugo em sinal de plena sujeição, eu castigarei aquela nação

[1]Esaqala ukulawula uZedekiya, unyana kaJosiya ukumkani wakwaJuda, lavakala ilizwi kuJeremiya, livela kuNdikhoyo, lisithi:

[2]"Utshilo uNdikhoyo kum ukuthi: Zenzele iidyokhwe ezinezitrophu, enye uyithwale entanyeni,

[3]ezinye uzithumele kookumkani base-Edom, eMowabhi, eAmon, eTire, naseSidon, uzithumela ngezi zigidimi zize apha eJerusalem kuZedekiya ukumkani wakwaJuda.

[4]Ziyalele ukuba zixelele iinkosi zazo zithi: Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi:

[5]'Lenziwe ndim ngamandla am amakhulu nengalo yam eyomeleleyo ihlabathi, nabantu abakulo, nezilwanyana ezikulo; ndaye ndilinika nabani na endifuna ukumnika lona.

[6]Ke ngoko onke amazwe enikuwo ndiza kuwanikezela esandleni sikaNebhukadenezare, isicaka sam, ongukumkani waseBhabheli. Nditsho nezilwanyana ezi zasendle ziza kuba zezakhe.

[7]Zonke izizwe ziza kuba phantsi kwakhe, nonyana wakhe, nomzukulwana wakhe, lide lifike ixesha lokuwa kwelo lizwe lakhe. Emva koko ke kuya kufika izizwe ngezizwe, zinookumkani bazo abanamagama, zimoyise.

[8]" 'Xa kuthe kwabakho isizwe okanye ulawulo esingafuni ukuzithoba phantsi kukaNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli, nditsho esingavumiyo ukuyithwala entanyeni idyokhwe yakhe,

com a guerra devastadora, a fome e as pestes!", assevera o SENHOR, "e por meio deste rei Eu a destruirei completamente.

eso sizwe ndosohlwaya ngekrele, nendlala, nangobhubhani, side sinikezelwe ngokupheleleyo esandleni sikaNebhukadenezare.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

9 Portanto, não deis ouvidos aos vossos profetas, adivinhadores, intérpretes de sonhos, médiuns e feiticeiros de todas espécie, que venham aconselhar-vos, dizendo: 'Não vos sujeiteis ao rei da Babilônia."

9'Ngoko ke musani ukubaphulaphula abashumayeli benu, noosiyazi benu, nabalawuli-maphupha benu, namatola enu, nezanuse zenu, abathi kuni: "Anisoze naba zizicaka zikakumkani waseBhabheli."

10 Porque eles vos profetizaram uma advertência falsa, para vos lançar para longe da vossa terra, para que Eu vos expulse e sejais deste modo, totalmente destruídos.

10Banishumayeza ubuxoki abo; bona baya kunibangela ukuba nikhutshelwe kude kumhlaba wenu. Ndonichitha-chitha nitshabalale.

11 Mas a nação que puser o pescoço sob o jugo do rei da Babilônia e se sujeitar a ele, Eu a deixarei na sua terra para cultivá-la e ali habitar em paz!", afirma Yahweh.

11Kanti sona isizwe esimthobelayo ukumkani waseBhabheli, sifake intamo edyokhweni yakhe, simthobele, sona ndosiyeka emhlabeni waso: sohlala kuwo, siwulime.' " Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

12 Entreguei a mesma mensagem a Zedequias, rei de Judá, recomendando-lhe: Colocai o pescoço sob o jugo do rei da Babilônia e sujeitai-vos a ele e ao seu povo, para que vivais.

12NakuZedekiya ukumkani wakwaJuda, ndithethe kwaloo nto inye. Ndithe: "Mthobeleni ukumkani waseBhabheli, niyithwale idyokhwe yakhe, nimkhonze yena nabantu bakhe, khon' ukuze niphile.

13 Por que tu e o teu povo morreríeis pela espada, pela fome e pela peste, como Yahweh preveniu em relação à nação que não se submeter plenamente ao rei da Babilônia?

13Ngani ukuba nizibulalise ngekrele, nendlala, nobhubhani, zinto ezo eziya kuthunyelwa nguNdikhoyo kwisizwe esingafuni ukuthobela ukumkani waseBhabheli?

14 Não deis ouvidos às palavras dos profetas que vos influenciam, afirmando: 'Não vos sujeitareis ao rei da Babilônia'; porque eles vos profetizam mentiras.

14Ze ningawaphulaphuli amazwi abashumayeli abathi: 'Anisokuze nibe phantsi kolawulo lukakumkani waseBhabheli,' kuba bashumayela ubuxoki bodwa xa batshoyo.

15 "Porquanto Eu não os enviei!", alerta Yahweh. "Eles pregam falsidades em meu

15Abathunywanga ndim abo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Bathetha ubuxoki

Nome, para que Eu vos expulse e destrua, vós e os profetas que vos persuadem."

[16] Então falei aos sacerdotes e a todo este povo: Assim diz o SENHOR: "Não deis ouvidos às palavras dos vossos profetas, que vos pregam dizendo: 'Os utensílios do Templo de Yahweh logo retornarão da Babilônia.' Eles vos pregam mentiras!"

[17] Não lhes deem atenção; submetei-vos sim, ao rei da Babilônia e vivei. Por que esta cidade se tornaria em ruínas?

[18] Se, porém, eles são profetas, e com eles está a Palavra do SENHOR, intercedam agora mesmo ao Eterno Todo-Poderoso, para que os utensílios que ficaram na Casa de Yahweh, no palácio do rei de Judá e em Jerusalém não sejam levados para a Babilônia.

[19] Pois assim assevera Yahweh dos Exércitos acerca das colunas, do tanque, dos suportes e dos outros utensílios que foram deixados nesta cidade,

[20] os quais Nabucodonosor, rei da Babilônia, não levou consigo de Jerusalém para a Babilônia, quando exilou Jeconias, Joaquim, filho de Jeoaquim, rei de Judá, com os nobres de Judá e de Jerusalém.

[21] Sim, assim afirma o SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel, sobre os utensílios que restam na Casa de Yahweh, no palácio do rei de Judá e em Jerusalém:

[22] "Serão levados para a Babilônia e ali ficarão até o dia em que Eu decidir buscá-

egameni lam. Ngoko ke ndonigxotha, nitshabalale kunye nâbo bashumayeli banishumayeze ubuxoki."

[16]Ke ndithe kubabingeleli nakubantu bonke: "Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ze ningawaphulaphuli amazwi abashumayeli abathi: 'Iimpahla zendlu kaNdikhoyo ziza kubuya kwakamsinyane eBhabheli.' Banishumayeza ubuxoki.

[17]Ze ningabaphulaphuli. Ze nithobele ukumkani waseBhabheli xa nifuna ukuphila. Ngani ukuba esi sixeko sibe ngamabhodlo?

[18]Ukuba bangabashumayeli – ukuba likho kubo ilizwi likaNdikhoyo – mabambongoze uNdikhoyo uSomandla-onke, khon' ukuze impahla eseleyo yendlu yakhe, neyasebhotwe lokumkani wakwaJuda, neyabantu baseJerusalem, ingathinjwa isiwe eBhabheli."

([19-20]Xa ukumkani uNebhukadenezare wayebamba ukumkani wakwaJuda uJekoniya, unyana kaJoyakim, kunye neziphathamandla zakwaJuda naseJerusalem, ebasa eBhabheli, wazishiya iintsika kunye netanki yobhedu, neenqwelwana, kunye nezinye izinto ezashiywayo endlwini kaThixo.)

[21]Ngokubhekisele kwimpahla eseleyo endlwini kaNdikhoyo, nasebhotwe lokumkani, naseJerusalem, utsho uNdikhoyo uSomandla-onke uThixo kaSirayeli ukuthi:

[22]"Iya kusiwa eBhabheli, ihlale apho ndide mna ndibuye ndiyilande ngokwam," lowo

los", declara Yahweh. "Então os trarei de volta e os restabelecerei nestas terras!"

Jeremias 28

A luta de Jeremias com o falso profeta Hananias

1 No quinto mês daquele mesmo ano, o quarto ano, no início do reinado de Zedequias, rei de Judá, Haniniá ben Azur, Hananias filho de Azur, profeta natural de Gibeom, falou-me nas dependências da Casa de Yahweh, diante dos sacerdotes e de todo o povo:

2 "Assim diz o SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel: 'Eis que quebrarei o jugo do rei da Babilônia!

3 Dentro de dois anos, trarei de volta a este lugar todos os utensílios da Casa do SENHOR, que Nabucodonosor, rei da Babilônia, tomou deste lugar e levou para a Babilônia.

4 De igual modo Jeconias, Joaquim, filho de Jeoaquim, rei de Judá, e todos os deportados de Judá que foram levados cativos para a Babilônia, trarei de volta a este exato lugar!', diz o SENHOR, 'pois acabarei com o poder do rei da Babilônia'"

5 Contudo o profeta Jeremias respondeu ao profeta Hananias, na presença dos sacerdotes, e diante de todo o povo que estava no Templo de Yahweh.

6 Disse, pois, o profeta Jeremias: 'Amën', assim seja! Que assim faça o SENHOR! Que Yahweh cumpra as palavras que profetizaste e traga de volta para este lugar os utensílios do Templo do SENHOR, assim como todos os exilados da Babilônia.

ngumlomo kaNdikhoyo, "ndiyibuyisele kwakule ndawo."

UJeremiya 28

UJeremiya nomshumayeli uHananiya

1Kwangaloo nyaka, ngenyanga yesihlanu, kunyaka wesine elawula uZedekiya ukumkani wakwaJuda, uHananiya unyana ka-Azure waseGibheyon wathi kum, sisendlwini kaNdikhoyo, ngaphambi kwababingeleli nabantu bonke:

2"Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Ndiyaphule idyokhwe kakumkani waseBhabheli ephezu kwenu.

3Ngeminyaka emibini ndiza kuyibuyisela kule ndawo yonke impahla yendlu kaNdikhoyo eyathathwa yasiwa eBhabheli ngukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare.

4Ndiza kubabuyisela apha ooJekoniya unyana kaJoyakim ukumkani wakwaJuda, nabo bonke abathinjwa bakwaJuda abasiwa eBhabheli.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Ewe, uthi: 'Ndiyaphule idyokhwe yokumkani waseBhabheli ephezu kwenu.' "

5UJeremiya umshumayeli wamphendula umshumayeli uHananiya apho ngaphambi kwababingeleli nabantu bonke ababelapho endlwini kaNdikhoyo,

6wenjenje: "Amen! Akwaba ngenene uNdikhoyo la mazwi entshumayelo yakho ebeya kuwafezekisa, ayibuyisele kule ndawo impahla yendlu yakhe, kunye nabo bonke abathinjwa abaseBhabheli!

[7] Entretanto, ouve agora esta Palavra que falo a ti e a todo o povo que nos observa:

[8] Os profetas que vieram antes de mim e antes de ti, desde a antiguidade, pregaram contra muitas nações e contra grandes reinos, acerca de guerra, desgraça, fome e peste.

[9] Mas o profeta que pregar a paz será reconhecido como verdadeiramente mandado por Yahweh quando se cumprir a sua palavra!

[10] Então o profeta Hananias tomou o jugo que estava no meu pescoço e o quebrou em pedaços.

[11] E Hananias ainda esbravejou diante de todo o povo: "Assim diz Yahweh: 'É, pois, desta mesma maneira que quebrarei o poder e o jugo de Nabucodonosor, rei da Babilônia, e o tirarei do pescoço de todas as nações no prazo de dois anos!'" Diante disso, o profeta Jeremias retirou-se.

[12] Depois que o profeta Hananias quebrou o jugo do pescoço do profeta Jeremias, o SENHOR dirigiu a sua Palavra a Jeremias nestes termos:

[13] "Vai e fala a Hananias: Assim diz Yahweh: Quebraste tu um jugo de madeira, mas em vez dele Eu prepararei um jugo de ferro!

[14] Porquanto assim afirma o Eterno Todo-Poderoso, o Deus de Israel: Eis que coloquei um jugo de ferro sobre o pescoço de todas estas nações, para que se sujeitem a Nabucodonosor, rei da Babilônia; e elas se submeterão a ele; e entreguei-lhe até os animais selvagens dessas terras.

[7]Kambe ke, khawuve le nto ndiza kuyithetha apha phambi kwakho nangaphambi kwabo bonke aba bantu.

[8]Abashumayeli bamandulo, ababekho ngaphambi kwethu, babeshumayela ngemfazwe nendlala nobhubhani, bethetha ngezizwe ezikude nezikumkani ezinamandla.

[9]Umshumayeli ke obevakalisa uxolo ebecaca ukuba ungothunywe nguNdikhoyo ngenene xa izinto azishumayelayo zisenzeka."

[10]UHananiya wayixhiwula loo dyokhwe yayisentanyeni yomshumayeli uJeremiya, wayaphula,

[11]wathetha apho ngaphambi kwabantu, wathi: "Utsho uNdikhoyo ukuthi yena uza kwenjenje ukuyaphula idyokhwe ukumkani uNebhukadenezare ayithwalise izizwe zonke. Iza kwenzeka kwiminyaka emibini loo nto." Umshumayeli uJeremiya ke usuke wemka.

[12]Emva kokuba umshumayeli uHananiya eyaphule idyokhwe eyayisentanyeni yomshumayeli uJeremiya, lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya lisithi:

[13]"Hamba uye kuthi kuHananiya: Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Ewe, uyaphule idyokhwe eyenziwe ngomthi, kodwa uza kufakwa eyentsimbi.'

[14]Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Zonke ezi zizwe ndiza kuzithwalisa idyokhwe yentsimbi, zaye ziza kuba zizicaka zikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli. Ewe, uza kuthotyelwa nazizilwanyana zasendle uNebhukadenezare.' "

[15] Então o profeta Jeremias disse ao profeta Hananias: “Escutai, Hananias! Yahweh não o enviou, mas assim mesmo tu persuadiste toda esta nação a acreditar em uma pregação mentirosa.

[16] Por isso, assim afirma o SENHOR: ‘Eis que vou exterminá-lo da face da terra! Ainda neste ano morrerás, porquanto pregou rebelião contra Yahweh!’”

[17] E, de fato, o profeta Hananias morreu no sétimo mês daquele mesmo ano.

[15]Emva koko umshumayeli uJeremiya wathi kumshumayeli uHananiya: “Jong' apha, Hananiya, akuthunywanga nguNdikhoyo konke wena, yaye aba bantu ubenza babambelele ebuxokini.

[16]Utsho ke kuwe uNdikhoyo ukuthi: ‘Uyabona, ndiza kukususa wena phezu komhlaba. Ungekapheli lo nyaka, uza kufa wena, kuba ufundisa abantu ukukreqa kuNdikhoyo.’ ”

[17]Wabhubha ngenyanga yesixhenxe kwakuloo nyaka umshumayeli uHananiya.

Jeremias 29

A carta de Jeremias aos cativos da Babilônia

[1] Este é, pois, o conteúdo da carta que o profeta Jeremias mandou de Jerusalém aos anciãos e líderes, que ainda viviam entre os exilados, aos sacerdotes, aos profetas e a todo o povo que Nabucodonosor deportara de Jerusalém para a Babilônia.

[2] Isso aconteceu depois que o rei Joaquim e a rainha-mãe, os oficiais do palácio real, os líderes de Judá e Jerusalém, os artesãos e os artífices foram levados cativos de Jerusalém para a Babilônia.

[3] A carta foi enviada por intermédio de Eleasa, filho de Safã, e de Gemarias, filho de Hilquias, os quais Zedequias, rei de Judá, tinha enviado a Nabucodonosor, rei da Babilônia. A carta dizia:

[4] “Assim diz o Eterno Todo-Poderoso, o Deus de Israel, a todos os exilados, que desterrei de Jerusalém para a Babilônia:

UJeremiya 29

Incwadi eya kubathinjwa

[1]Nantsi incwadi eyabhalwa ngumshumayeli uJeremiya eseJerusalem, ebhalela amasalela amadoda amakhulu afudusiweyo, nababingeleli, nabashumayeli, kunye nabantu bonke abathathwa ngukumkani uNebhukadenezare eJerusalem, baya kuba ngabathinjwa eBhabheli.

[2]Wayibhala emva kokuba ukumkani uJekoniya nonina, namaphakathi, kunye neziphathamandla zakwaJuda naseJerusalem, namagcisa nabasebenzi bentsimbi bakhona, basiwa ekuthinjweni.

[3]Wayinikela uElasa unyana kaShafan loo ncwadi, ekunye noGemariya unyana kaHilekiya, ababezizigidimi zikakumkani uZedekiya wakwaJuda awazithumayo eBhabheli kukumkani uNebhukadenezare. Wabhala wenjenje:

[4] UNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli, utsho kubo bonke abathinjwa awabasa eBhabheli, besuka eJerusalem, ukuthi:

[5] 'Edificai, pois, casas e habitai nelas; plantai pomares e comei de seus frutos.
[6] Casai-vos e gerais muitos filhos e filhas; escolhei esposas para vossos filhos e dai vossas filhas em casamento a fim de que tenham filhos e filhas. Multiplicai-vos ali e não venhais a diminuir o meu povo em número de pessoas.
[7] Dedicai-vos à busca da prosperidade da cidade, para onde vos deportei, e orai a Yahweh em favor dela; porque o progresso dela será a vossa prosperidade.
[8] Porquanto assim diz Yahweh dos Exércitos, o Deus de Israel: 'Não vos deixeis enganar pelos profetas e adivinhos que habitam entre vós, nem deis atenção aos sonhos que vós mesmos os estimulam a ter.
[9] Ora, eles vos profetizam falsas visões e palavras em meu Nome. Eis que Eu jamais os enviei!' afirma o SENHOR.
[10] "Assim diz Yahweh: 'Quando se completarem os setenta anos da Babilônia, Eu cumprirei a minha promessa a vosso favor, de trazer-vos de volta para este exato lugar.
[11] Porquanto somente Eu conheço os planos que determinei a vosso respeito!', declara Yahweh, 'planos de fazê-los prosperar e não de lhes causar dor e prejuízo, planos para dar-vos esperança e um futuro melhor.
[12] Então me invocareis e chegareis a mim para orar, e Eu vos darei toda a atenção.
[13] Vós me buscareis e me encontrareis, quando me buscardes de todo coração.
[14] Eu me deixarei ser encontrado por vós', assevera o SENHOR, 'e os conduzirei de volta do cativeiro, restaurando a vossa sorte.

[5]"Yakhani izindlu, nihlale kuzo; limani izitiya, nitye iziqhamo zazo.
[6]Thathani abafazi, nizale oonyana neentombi; oonyana benu nibafunele abafazi, nizendise neentombi zenu, ukuze nabo bazale oonyana neentombi – qhamani nande, ninganciphi.
[7]Zamelani ucwangco kwezo zixeko ndinithumele kuzo, nizithandazele kuNdikhoyo, kuba xa ziba nenkqubela, nani noxhamla kuloo ntlala-kahle."
[8]Ewe, utsho uNdikhoyo, uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli ukuthi: "Sanukuvuma ukukhohliswa ngâbo bashumayeli noosiyazi abaphakathi kwenu, ningawathatheli ngqalelo naloo maphupha bawaphuphayo.
[9]Banishumayeza egameni lam bexoka; abathunywanga ndim konke." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
[10]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Yakuba izalisekile kwiBhabheli iminyaka emashumi asixhenxe ndonikhumbulela, ndisifezekise isithembiso sokunibuyisela kule ndawo.
[11]Kaloku zisekuhleni kum izicwangciso zam ngani zokuba ndininike intlala-kahle ingabi bububi, ndinidalele ikamva nethemba." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
[12]"Nokhalela kum, nize kundithandaza, ndize mna ndiniphulaphule.
[13]Nondifuna nindifumane, xa nindifuna ngomxhelo wonke.
[14]Ewe, ndithi ndofumaneka, ndize ke mna ndikuphelise kuni ukuthinjwa." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Ndoniqokelela

Então Eu mesmo os reunirei de todas as partes da terra para onde eu os dispersei e os repatriarei para o lugar de onde os deportei', afirma o SENHOR.

15 "Mas podeis alegar: 'Mas foi Yahweh que nos levantou profetas na Babilônia!',

16 Contudo, assim diz o SENHOR sobre o rei que se assenta no trono de Davi e em relação a todo o povo que permanece nesta cidade, vossos irmãos e compatriotas, que não foram convosco para o exílio;

17 assim diz o Eterno Todo-Poderoso: 'Enviarei a guerra, a fome e a peste contra eles; lidarei com eles como se lida com figos ruins, absolutamente desagradáveis ao paladar.

18 Eu os perseguirei com a guerra, a fome e a peste; farei deles objeto de terror para todos os reinos da terra, maldição, zombaria e exemplo de afronta entre todas as nações para onde Eu os desterrei.

19 Porque eles não deram atenção às minhas palavras', adverte o SENHOR, 'palavras que lhes enviei pelos meus servos, os profetas. Mas vós também não quisestes dar atenção!', diz Yahweh.

20 "Agora, pois, ouvi a Palavra do SENHOR, vós todos os despatriados que mandei de Jerusalém para a Babilônia.

21 Assim diz Yahweh dos Exércitos, o Deus de Israel, acerca de Acabe, filho de Colaías, e de Zedequias, filho de Maaseias, que vos profetizam mentiras em meu Nome: 'Eu os entregarei nas mãos de Nabucodonosor, rei da Babilônia, e ele os exterminará diante de todos vós.

phakathi kwezo ntlanga ndanichitha-chithela kuzo, ndinibuyisele kule ndawo apho ndanisusa khona." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

15Nithi nina: "UNdikhoyo wasinika abashumayeli eBhabheli."

16Kodwa ngokuphathelele kukumkani osesihlalweni sikaDavide kwakunye nakubantu bonke besi sixeko, amawenu angazanga asiwa ekuthinjweni kunye nani,

17utsho uNdikhoyo uSomandla-onke ukuthi: "Bona ndiza kubahlisela ikrele, nendlala, nobhubhani. Ndobatsho bafane namakhiwane angenakutyiwa ngenxa yokuba mabi kwawo.

18Ndobasukela ngekrele nendlala nobhubhani, ndibatsho babe nezothe kuzo zonke iintlanga ehlabathini. Boba sisiqalekiso, izinto ezinezothe ezisisigculelo nesingcikivo naphi na apho ndobagxothela khona.

19Kaloku abawahoyanga amazwi endaphindelela ukuwathetha ngabashumayeli izicaka zam." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Kanti nina bathinjwa nani khange naphulaphula.

20"Nina ke endanifudusayo eJerusalem ndanenza naba ngabathinjwa eBhabheli, liveni ilizwi likaNdikhoyo.

21Ngokubhekiselele kuAhabhi unyana kaKolaya nakuZedekiya unyana kaMaseya abanishumayeza egameni lam bexoka utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Bona ndiza kubanikela esandleni sikakumkani uNebhukadenezare

waseBhabheli, ababulale apha ngaphambi kwenu.

22 E por causa deles será pronunciada uma maldição sobre todos os deportados de Judá que estão na Babilônia e se tornará um dito popular: "Que o SENHOR te faça como a Zedequias, e como a Acabe, os quais o rei da Babilônia queimou vivos!"

22Bonke abantu abasiwa ekuthinjweni eBhabheli, befuduswe eJerusalem, bothi xa befuna ukuqalekisa: 'UNdikhoyo makakufanise noZedekiya noAhabhi abafakwa emlilweni behleli ngukumkani waseBhabheli.'

23 Porquanto cometeram total insensatez em Israel: adulteraram com as mulheres de seus amigos e em meu Nome falaram mentiras, que Eu jamais mandei que falassem. Entretanto, Eu sei de tudo e sou testemunha disso!', afirma Yahweh.

23Kaloku benze isikizi kwaSirayeli: bona bakrexeza nabafazi babamelwane, bathetha egameni lam bexoka, bengathunywangwa ndim. Ndiyayazi loo nto mna, yaye ndilingqina layo." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

Udaba oluya kuShemaya

24 "Então falarás a Semaías, cidadão de Neelam:

24Yithi kuShemaya umNehelam:

25 Assim diz o SENHOR dos Exércitos, o Deus de Israel: Enviaste cartas em teu próprio nome a todo o povo que está em Jerusalém como também a Sofonias, filho de Maaseias, o sacerdote, e a todos os sacerdotes. E comunicaste a Sofonias:

25"Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, onguThixo kaSirayeli, ukuthi: Wena wathumela iincwadi egameni lakho kubo bonke abantu baseJerusalem, nakumbingeleli uZefaniya unyana kaMaseya, nakubo bonke abanye ababingeleli. Wabhalela uZefaniya wenjenje:

26 'O SENHOR te designou sacerdote em lugar de Joiada como encarregado de zelar pela Casa de Yahweh, para que lançasses na prisão e prendesses com uma corrente no pescoço qualquer louco que se atrevesse a profetizar.

26'UNdikhoyo ubeke wena waba ngumbingeleli esikhundleni sikaJoyada. Nguwe ke ngoku usomaqhuzu endlwini kaNdikhoyo. Ingumsebenzi wakho ke ukuba onke amageza azenza abashumayeli akhonkxwe iinyawo ngezikhuni, afakwe nentsimbi entanyeni.

27 Então, por que não repreendeste Jeremias, de Anatote, que se apresenta como profeta entre vós?

27Uyekele ntoni kodwa ukwenjenjalo kuJeremiya waseAnatoti ozenza umshumayeli phakathi kwenu?

28 Pois ele até mesmo nos enviou esta mensagem para que nós que estamos na

28Usanda kusibhalela incwadi apha eBhabheli, esithi abathinjwa abalapha baza

Babilônia, informando que: 'Eis que o tempo da expatriação será longo; edificai, pois, casas e habitai nelas; plantai pomares e alimentai-vos dos seus frutos!'

29 O sacerdote Sofonias leu a missiva para o profeta Jeremias.

30 Então Yahweh dirigiu a Palavra a Jeremias, ordenando:

31 "Envia esta mensagem a todos os exilados: Assim diz o SENHOR em relação à Semaías, o neelamita: Ainda que Eu mesmo não o tenha enviado, Semaías vos profetizou e fez com que acreditastes em mentiras,

32 por esse motivo, eis o que determina o SENHOR: Castigarei Semaías, de Neelam, e os seus descendentes. Ele não terá nenhum parente que viva entre este povo, tampouco chegará a contemplar o bem que realizarei em benefício de meu povo!", assevera Yahweh, "porque ele pregou rebelião contra o SENHOR!".

kuhlala ixesha elide apha, ngoko ke mabazakhele izindlu, bahlale kuzo, balime izitiya, batye iziqhamo zazo.' "

29Umbingeleli uZefaniya wayifundela umshumayeli uJeremiya loo ncwadi,

30laza lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya lisithi:

31-32"Thumela kubantu abangabathinjwa uthi: 'Nkokusingisele kuShemaya umNehelam uNdikhoyo utsho ukuthi: Ndiza kumohlwaya uShemaya kunye nenzala yakhe, kuba unishumayeza noxa engathunywanga ndim, wanenza nathemba ubuxoki. Ngenxa yoko utsho uNdikhoyo ukuthi: Niyabona, akayi kuba nanzala konke. Akasobe azibone izinto ezintle endiza kuzenzela abantu bam, kuba kaloku yena ubebafundisa abantu ukukreqa kuNdikhoyo. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.' "

Jeremias 30

Deus promete trazer do cativeiro o seu povo

1 Esta é a Palavra que veio a Jeremias da parte de Yahweh, o SENHOR:

2 "Assim ordena Yahweh, o Deus de Israel: Escreve sobre um meghillath sêphër, rolo do livro, todas as palavras que Eu te disse.

3 Porquanto, dias virão", diz o SENHOR, "em que mudarei o destino do meu povo, Israel e Judá, e os farei retornar à terra que dei aos seus antepassados, e eles, dela tomarão posse!", assevera Yahweh.

4 Estas são, pois, as palavras que o SENHOR comunicou acerca de Israel e de Judá:

UJeremiya 30

Ukubuyiswa kwamaSirayeli

1Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

2"Utsho uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Wabhale encwadini onke amazwi endiwathethileyo kuwe.

3Kuba kaloku lifikile ixesha lokupheliswa kokuthinjwa kwabantu bam amaSirayeli namaJuda. Ndiza kubabuyisela kumhlaba endawunika ooyise-mkhulu, babuye bawume kwakhona,' utsho uNdikhoyo."

4Wenjenje ukuthetha uNdikhoyo, ebhekisa kumaSirayeli nakumaJuda:

5 “Assim diz Yahweh: Ouvimos gritos horríveis, de grande pavor, mas nenhum brado de paz!

5“Utshilo uNdikhoyo ukuthi: ‘Kuvakala isikhalo esibangwa lixhala.

6 Indagai, pois, e considerai se um homem é capaz de dar à luz. Ora, por que, então, vejo todos os homens com as mãos sobre o ventre como é comum às mulheres em trabalho de parto? Por que todos os rostos estão descorados, pálidos?

6Khawuthi xha, ukhe ucinge: yakha yazala kanene indoda? Kutheni ke le nto ndibona amadoda ebambe izinqe ngathi ngumfazi osikwa yinimba? Kutheni ematshekile nje?

7 Ah! Como será terrível aquele Dia! Incomparavelmente doloroso! Será um tempo de tremenda angústia para Jacó; contudo, ele será salvo.

7Mawoo! Hayi ukuba nkulu kwaloo mini! Ayikho eyakha yafana nayo. Lixesha lembandezelo kwindlu kaYakobi, kodwa noko yosinda kuyo.’

8 “Naquele Dia”, afirma o Eterno Todo-Poderoso, “quebrarei o jugo que está sobre o pescoço deles e arrebentarei as suas correntes; não mais serão escravizados por qualquer outra nação;

8“Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo uSomandla-onke: ‘Ngaloo mini ndoyaphula idyokhwe abaphantsi kwayo, ndiziqhawule izitrophu ababotshwe ngazo, bangabi saba ngamakhoboka abantu basemzini.

9 mas servirão a Yahweh, seu Deus, como também a Davi, seu rei, que lhes designarei.

9Ndaweni yaloo nto baza kuba zizicaka zikaNdikhoyo uThixo wabo, nezicaka zokumkani wabo uDavide endiya kubavelisela yena.’

10 Portanto, não temas, Jacó, meu servo, nem te assustes, ó Israel!”, assevera o SENHOR. “Eu mesmo te salvarei de um lugar distante, e os seus descendentes, da terra do seu exílio. Jacó retornará e se estabelecerá em paz e segurança, e ninguém voltará a atemorizar-te.

10“ ‘Musa ukoyika ke, sicaka sam Yakobi; nawe Sirayeli, mus' ukunkwantya.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. ‘Ndiza kukuhlangula kwelo lizwe likude, ndiyikhulule inzala yakho kumazwe engabathinjwa kuwo. Ewe, uYakobi woxhamla inzolo nolonwabo, kungabe kubekho bani umothusayo.

11 Porquanto Eu sou contigo para te salvar!”, afirma Yahweh. “Destruirei por completo todas as nações entre as quais Eu mesmo te espalhei. A ti, entretanto, não exterminarei, mas certamente te castigarei com medida justa. Ora, de modo algum te livrarei do teu merecido corretivo.

11Ndinawe ukuze ndikusindise.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. ‘Zona iintlanga endikuchitha-chithe phakathi kwazo ndozitshabalalisa mpela, kodwa wena andiyi kukucima tu igama. Nawe phofu uza kohlwaywa; ndiza kukuqeqesha, phofu ndingabi ngqongqo kuwe.’

[12] Porque assim afirma o SENHOR: “A tua fratura é irremediável, e a tua ferida, gravíssima!
[13] Não há quem possa defender a tua causa; não há remédio nem cura para o teu ferimento que não consegue cicatrizar-se.
[14] Todos os teus amantes se esqueceram de ti; não te procuram nem se importam contigo. Eu a golpeei com a violência de um inimigo; ministrei-te um castigo cruel, porquanto grande é a tua malignidade e numerosos são os teus erros e pecados.
[15] Por que gritas de dor? Por causa da tua ferida aberta e incurável? Ora, tive que puni-la deste modo por causa da imensidão da tua iniquidade, e por se terem multiplicado os teus pecados.
[16] Contudo, todos os que te devoram serão devorados, e todos os teus adversários serão mandados para o exílio. E os que te assaltam e despojam serão igualmente espoliados, e entregarei como saque todos os que te saqueiam.
[17] Eis que farei cicatrizar o teu ferimento e curarei todas as tuas feridas!”, garante Yahweh, “porque chamaram-te a rejeitada, Sião, aquela por quem ninguém mais procura, tampouco se importa.”

[18] Assim diz o SENHOR: “Eis que mudarei a sorte das tendas de Jacó e terei compaixão das tuas moradas. A cidade será reconstruída sobre as suas ruínas e o palácio no seu devido lugar.

[19] Então por toda parte se ouvirá brados de ações de graça e o som alegre de júbilo. Eu farei com que meu povo cresça e

[12]“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Inxeba lakho alinako nokubotshwa oku; wenzakele kangangokuba ungabi nakunyangwa.
[13]Awunamthetheleli; awunayeza lokuzinyanga izilonda, ungenalo nethemba lokuphiliswa.

[14]Izithandwa zakho zikulibele zonke; azisacingi nokucinga oku ngawe. Ndikubethe oku kotshaba, ndakuqeqesha ngqongqo ngenxa yezikreqo zakho ezikhulu, nezono zakho ezininzi.

[15]Yini ukuba ukhale ngenxa yenxeba lakho, nangenxa yeentlungu zakho ezingenakunyangeka? Ndikwenzele konke oku ngenxa yobukhulu bezikreqo zakho nobuninzi bezono zakho.
[16]“ ‘Kodwa ke bonke abaqwenga wena boqwengwa nabo; bonke abakuchasayo baya kusiwa ekuthinjweni. Bonke abakuphangayo nabo bophangwa; nabo bakwenza amaxhoba bokwenziwa amaxhoba nabo.

[17]Ke wena ndiza kukubuyisela empilweni, ndikupholise amanxeba, nakuba kusithiwa ungumlahlwa, iZiyon engafunwa bani.’ Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[18]“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Izindlu zakwaYakobi ndiza kuzibuyisela kundalashe, zidle ngendebe endala, ndibe nemfesane kumzi ngamnye. Amanxuwa aseJerusalem aza kuvuswa, nebhotwe lime kwasendaweni yalo.
[19]Kovakala intsholo yemibongo apho, nentswahla yemigcobo. Ndobatsho bande, banganciphi; babaluleke, bangadeleki.

multiplique-se, que seu número de pessoas jamais diminua; Eu os honrarei, e não serão desprezados.

[20] Seus filhos serão como nos tempos antigos, e a sua comunidade será estabelecida diante de mim; castigarei todos aqueles que os oprimem.

[21] Seu líder será um dentre eles; seu governante virá igualmente do meio deles. Eu os atrairei para perto e ele se aproximará de mim; porquanto quem se arriscaria a chegar perto da minha pessoa?", indaga Yahweh.

[22] "Então, vós sereis o meu povo e Eu serei o vosso Deus.

[23] Ai está a tempestade do SENHOR! A sua fúria já foi desencadeada; um vendaval arrasador se precipitará sobre a cabeça dos ímpios.

[24] A ira de Yahweh não se afastará até que ele tenha completado todos os seus propósitos. Em dias vindouros tudo isso ficará mais claro e entendereis completamente!"

Jeremias 31

[1] "Eis que naquela época", prevê o SENHOR, "serei o Deus de todas as famílias de Israel e eles serão o meu povo!"

[2] Portanto, assevera Yahweh: "Encontrou graça no deserto, o povo que escapou da morte!" Quando Israel buscava descanso.

[3] Vindo de uma terra distante, Yahweh apareceu a Israel, assegurando: "Com amor eterno te amei; com amor leal a atraí para mim mesmo!

[20]Inzala yabo yoba njengeyamandulo, ibandla labo ndilizinzise, ndibohlwaye bonke ababacinezelayo.

[21]Inkokheli yabo yovela kwakubo, umlawuli aphume phakathi kwabo. Uya kuvela ngokubizwa ndim, asondele kufuphi nam, kungekho bani nje ungade asondele kum ndingambizanga.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[22]'Ewe, niya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wenu.' "

[23]Niyabona, kuphuma kuNdikhoyo ulophu, nditsho isaqhwithi esoyikekayo esivuthuza phezu kweentloko zabangendawo.

[24]Lo msindo kaNdikhoyo awuyi kujika ade abe ukufezekisile oko akucebileyo entliziyweni yakhe. Kwimihla ezayo niya kuyiqonda kakuhle le ndawo.

UJeremiya 31

AmaSirayeli aza kugoduka

[1]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Ngelo xesha ndoba nguThixo wazo zonke izizwe zakwaSirayeli, zona zibe ngabantu bam."

[2]Ewe, utsho uNdikhoyo ukuthi: "Abantu abasinde kulo ikrele ndobenzela inceba entlango, ndiwanike ukuphumla amaSirayeli."

[3]UNdikhoyo wabonakala kwamandulo, wathi: "Sirayeli, ndikuthanda ngothando olungapheliyo; ndahlala ndikwenzela izibele.

[4] Portanto, Eu a edificarei mais uma vez, ó bela virgem, Israel! De novo serás adornada e com teus tamborins sairás dançando com os que se alegram.

[4]Ndiza kubuya ndikuvuse, utsho wakheke, ntombindini Sirayeli! Uza kubuya ugaxele amagubu, ungenelele kumxhentso wabavuyayo.

[5] Ainda plantarás muitas vinhas nos montes de Samaria; videiras antes profanadas pelos próprios viticultores que as plantaram.

[5]Wobuya ulime iidiliya kweziya ntili zaseSamariya, olimayo axhamle iziqhamo zazo.

[6] Porquanto vem se aproximando o Dia em que os sentinelas bradarão nas colinas de Efraim: 'Levantai-vos e subamos a Sião, à presença de Yahweh, nosso Deus.

[6]Kuza imini abaya kuthi abalindi bamemeze bekwiinduli zakwaEfrayim, bathi: 'Yizani sinyukele kwintaba iZiyon, siye kuNdikhoyo uThixo wethu.' "

[7] Pois assim declara o SENHOR: "Cantai a respeito de Jacó com alegria e exultai por causa da principal das nações. Proclamai, entoai louvores e dizei: 'Ó Yahweh! Eis que salvaste o teu povo! O remanescente de Israel!'

[7]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Dandulukani nivuye ngenxa kaYakobi; memelelani ngenxa yenjinga yezizwe, nitsholoze nithi: 'Basindise abantu bakho, Ndikhoyo, nditsho amasalela akwaSirayeli.'

[8] Eu os trarei da terra do Norte e os reunirei de todas as extremidades da terra. Juntamente com eles estarão os cegos e aleijados, as mulheres grávidas e as que estiverem para dar à luz. Uma grande multidão retornará.

[8]Nâbo ndibakhupha emantla, ndibaqokelela eziphelweni zehlabathi! Zilapho iimfama neziqhwala, abakhulelweyo nasebesindeka. Yoba nguMbo nomXesibe ukujong' ekhaya.

[9] Chegarão em prantos, mas Eu os conduzirei e abençoarei com todas as consolações. Eu mesmo os guiarei aos ribeiros de águas puras, pelo Caminho do direito em que não há tropeço; porque sou Abba, Pai, para Israel, e Efraim é o meu primogênito.

[9]Bobuya belila begixa, ndibakhokele betarhuzisa, bahambe ngakwimilambo empompozayo, kwiindlela ezithe tye, bangabi sakhubeka. Suka ndanguyise kuSirayeli; uEfrayim wayinkulu yam!

[10] "Ouvi, pois, a Palavra do SENHOR, ó nações, e proclamai-a nas longínquas terras à beira-mar. 'Aquele que deportou Israel o reunirá e cuidará dele, como o pastor faz com seu rebanho.

[10]"Liveni ilizwi likaNdikhoyo, nina zintlanga; libhengezeni nakwiziqithi ezikude, nithi: 'Lowo wawachitha-chithayo amaSirayeli wobuya awaqokelele, awaluse oku komalusi elind' umhlambi.'

[11] Pois Yahweh resgatou Jacó e o livrou da mão do que era mais forte.

[12] Sendo assim, virão e cantarão de júbilo nos lugares altos de Sião, ficarão radiantes de alegria por causa da bondade e com os muitos bens oferecidos pelo SENHOR: os cereais, o bom vinho, o azeite puro, as crias das ovelhas e das vacas. Serão como um jardim bem cuidado e não mais se entristecerão.

[13] Então as jovens dançarão de alegria, como também os rapazes e os idosos. Transformarei toda a tristeza deles em imensa satisfação e alegria; Eu, pessoalmente, lhes darei consolo e júbilo em vez de amargura e lamento.

[14] Satisfarei os sacerdotes com generosidade e fartura; e o meu povo será plenamente saciado pela minha misericórdia!", assevera o SENHOR.

[15] Assim, pois, declara Yahweh: "Ah! Eis que um clamor se ouviu por toda Ramá; lamentação, amargura e muito pranto: É Raquel chorando por seus filhos; e de nenhum modo se deixa consolar, porque já não existem!"

[16] Assim declara Yahweh: "Reprime a tua dor e o choro dos teus sentimentos, proíbe as lágrimas de jorrarem dos teu olhos; porque o teu trabalho e sofrimento serão recompensados!" assegura o SENHOR. "Eles retornarão da terra do inimigo!

[17] Por isso há esperança para o futuro!", afirma Yahweh. "Seus filhos voltarão para a sua pátria.

[11]Kaloku uNdikhoyo womkhulula uYakobi; amhlangule kwiintlanga ezinamandla kunaye.

[12]Bobuya batsho ngentsholo ezindulini zeZiyon, bevuyiswa bububele bukaNdikhoyo; ewe, nditsho ingqolowa, newayini entsha, namafutha omnquma, neenkomo neegusha abaphe zona. Bochuma oku komhlaba onkcenkceshelwayo, bangabi saphinda baxhwaleke.

[13]Iintombi zongqungqa, zigcobe, benjenjalo abafana kwanamadoda. Usizi lwabo ndoluguqula lube luvuyo; ndobathuthuzela bagcobe, bangabuyi babe buhlungu.

[14]Ababingeleli bodikwa sisabelo sabo, abantu bam bahluthe yindyebo yezinto zam." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Ukungathuthuzeleki kukaRakeli

[15]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Kuvakala isikhalo esikrakra eRama. URakeli ulilela abantwana bakhe, engavumi ukuthuthuzeleka, kuba bengasekho."

[16]Utsho ke uNdikhoyo ukuthi: "Ngxe, yeka ukulila! Musa ukuba nyembezana. Inkxamleko yakho iza kuvuzwa." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Abantwana bakho bobuya kwilizwe lotshaba.

[17]Likho ithemba ngekamva lakho," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "kuba abantwana bakho baza kubuyela kwelokuzalwa.

[18] Ouvi claramente Efraim lamentando-se: 'Tu me corrigiste como um bezerro indomado e fui disciplinado. Restaura-me para que eu seja, de fato, restaurado; porquanto, tu és Yahweh, o meu Deus.

[18]Ewe, ndimvile encwina uEfrayim, esithi: 'Undiqeqeshile ndatsho ndanjengethole eliqhelisiweyo. Ndibuyise, khon' ukuze ndibuyele kuwe, kuba nguwe, Ndikhoyo, uThixo wam.

[19] Em verdade, depois de desviar-me, eu me arrependi profundamente; depois que compreendi, bati no meu peito em sinal de arrependimento. Estou deveras envergonhado e humilhado porque trago sobre a minha pessoa a desgraça da minha inconsequência juvenil!'

[19]Ndakuba ndikreqile, ndibuye ndazohlwaya; ndakuba ndiziqondile, ndizive ndidanile. Ndineentloni, ndihlazekile ngenxa yokusindwa ngamahlazo obutsha bam.'

[20] Não é Efraim o meu filho amado? O filho em quem tenho prazer? Cada vez que Eu falo sobre Efraim mais me recordo dele com grande carinho. Por este motivo, o meu coração se comove por ele e lhe ministrarei a minha total compaixão.", afirma o SENHOR.

[20]Ngaba uEfrayim asingonyana wam oyintandane, umntwana endinebhongo ngaye? Okukhona ndimkhalimelayo kokukhona ndimkhumbulelayo. Ndisikwa yimfesane ngenxa yakhe; inene, ndomthi jize ngenceba." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[21] "Coloca marcos e põe sinais nas estradas; reflete sobre o caminho pelo qual andaste. Regressa depressa, ó virgem de Israel, volta para as tuas cidades!

[21]"Misa izalatha-ndlela, ugxumeke izalathiso. Qwalasela indlela owohamba ngayo. Goduka, ntombindini Sirayeli; buyela kwiidolophu zakowenu.

[22] Até quando caminharás hesitante, ó filha rebelde? Pois Yahweh criou algo absolutamente novo sobre esta terra: uma mulher protegerá um guerreiro!"

[22]Koda kube nini uthingaza, ntombindini ingathembekanga? UNdikhoyo udale into entsha emhlabeni: umfazi ekhusela indoda."

Ukuvuselelwa kukaJuda

[23] Assim, pois, diz o Eterno Todo-Poderoso, o Deus de Israel: "Quando Eu trouxer de volta os despatriados, então se dirá novamente na terra de Judá e nas suas cidades: O SENHOR te abençoe, ó morada da justiça, ó monte sagrado!

[23]Utsho uSomandla-onke, uNdikhoyo, uThixo kaSirayeli, ukuthi: "Xa sele ndibahlangule ekuthinjweni, ndababuyisela kundalashe, baya kubuya bathethe la mazwi emhlabeni wakwaJuda nakwiidolophu zawo, bathi: 'Mzindini wobulungisa, ntabandini engcwele, uNdikhoyo makakusikelele.'

[24] E o povo de Judá viverá nela e em todas as suas cidades, tanto os lavradores como os nômades que viajam com seus rebanhos.
[25] Eis, portanto, que restaurarei o ânimo do abatido, animarei o exausto e darei forças aos enfraquecidos!"
[26] Então acordei e olhei em redor. O meu sono havia sido tranquilo e agradável.
[27] "Dias virão", revela Yahweh, "em que semearei nas comunidades de Israel e de Judá homens e animais em grande quantidade!

[28] Assim como estive atento para arrancar e derrubar, para demolir, destruir e arrasar, do mesmo modo zelarei por edificar e plantar!", assevera o SENHOR.

[29] "Assim, naquela época não mais se dirá: 'Os pais comeram uvas verdes, e os dentes dos filhos se embotaram!'
[30] Ao contrário, cada um morrerá por causa do seu próprio erro e pecado. Os dentes de todo aquele que comer uvas verdes se embotarão!

[31] "Dias virão", afirma o SENHOR, "quando estabelecerei uma nova Aliança com a Casa de Israel e a Casa de Judá.

[32] Não será como a Aliança que firmei com seus antepassados quando os tomei pela mão para tirá-los do Egito, pois eles não honraram o meu pacto, mesmo sendo Eu o Marido divino deles!" assevera Yahweh.

[33] "Eis, no entanto, a Aliança que celebrarei com a comunidade de Israel passados

[24]Baya kuma ndawonye abantu bakwaJuda needolophu zakhona, belapho abalimi nabafuyi ababesoloko bejikeleza nempahla.

[25]Ndobahlaziya abatyhafileyo, ndibondle abafa yindlala,

[26]batsho bathi: 'Khangela, besilele, savuka sihlaziyekile.' "

[27]UNdikhoyo uthi: "Iyeza imihla yokuba isizwe sikaSirayeli nesikaJuda ndisitsho sinyakazele yinzala yabantu neyemfuyo.

[28]Kanye njengoko ndingaphazamanga ukubancothula nokubadiliza nokubabhuqa nokubatshabalalisa nokubahlisela ishwangusha, ewe, ndiya kwenjenjalo ukwakha nokutyala." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[29]"Ngaloo mihla abakubuya bathi abantu: 'Ooyise bâtya iidiliya ezikrwada, suka kwabuthelezi amazinyo abantwana.'
[30]Umntu ngamnye uya kufa ngenxa yobugwenxa bakhe. Kuya kuthi lowo utya iidiliya ezimuncu, kube buthelezi awakhe amazinyo."
[31]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Ewe, iyeza imihla yokuba ndenze umnqophiso omtsha nesizwe sakwaSirayeli nesakwaJuda.
[32]Lo wona umnqophiso awuyi kufana nalowa ndawenzayo nookhokho babo mhla ndabathi chu ngesandla ndibakhupha eJiputa, mnqophiso lowo bangawugcinanga naxa ndandiyinkosi yabo. " Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.
[33]"Nguwo lo umnqophiso endiza kuwenza nesizwe sikaSirayeli kwimihla ezayo," lowo

aqueles dias", afirma o SENHOR: "Registrarei o conteúdo da minha Torá, Lei, na mente deles e a escreverei no mais íntimo dos seus sentimentos: seus corações. Assim, serei de fato o Deus deles e eles serão o meu povo!

ngumlomo kaNdikhoyo: "Imiyalelo yam ndiya kuyimilisela ngaphakathi kwabo, ndiyishicilele ezintliziyweni zabo, mna ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam bona.

34 Ninguém mais terá a necessidade de orientar o seu próximo nem seu irmão, pregando: 'Eis que precisas conhecer quem é Yahweh, o SENHOR!', porquanto serei conhecido no interior do ser de cada pessoa, desde os mais jovens até os idosos, dos mais pobres aos mais ricos.", garante o SENHOR. "Porque Eu mesmo lhes perdoarei a malignidade e não me permitirei recordar mais dos seus erros e pecados!"

34Abayi kuba safundisana ngam elowo umntakwabo, elowo ummelwane wakhe, besithi: 'Mazini uNdikhoyo;' kuba bonke baya kundazi ukususela koyena mncinane kuse koyena mkhulu. Ndobuxolela ubugwenxa babo, ndingabuye ndikukhumbule ukona kwabo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

35 Assim fala Yahweh, que estabeleceu o sol para iluminar o dia e determinou que a lua e as estrelas tivessem seu brilho contemplado ainda com mais esplendor durante as noites, que agita o mar para que as suas ondas rujam; o seu Nome é Yahweh, o Eterno dos Exércitos:

35NguNdikhoyo omisele ilanga ukuba likhanyise emini, ngokunjalo inyanga neenkwenkwezi ukuba zikhanyise ebusuku; ulozamazamisa ulwandle, agqume amaza; kuthiwa nguNdikhoyo uSomandla-onke igama lakhe.

36 "Somente se essas leis deixarem de estabelecer a ordem do universo e desaparecerem da minha presença", declara o SENHOR, "deixarão os descendentes de Israel de ser uma grande nação diante da minha pessoa hoje e sempre!"

36Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Xa ingatshitshayo le mimiselo ndingabi sayibona, nesizukulwana sikaSirayeli singanqamka singabi saba ngabantu bam."

37 Portanto, assim declara Yahweh: "Se os céus em cima puderem ser medidos e os alicerces da terra embaixo puderem ser sondados, então Eu rejeitarei toda a linhagem de Israel, por tudo quanto eles têm praticado ao longo do tempo", afirma o SENHOR.

37Ewe, utsho uNdikhoyo ukuthi: "Mhla isibhakabhaka phezulu saba nokulinyaziswa, neziseko zomhlaba ngaphantsi zaba nokugocagocwa, kungelo thuba kuphela endingathi ndisibukule isizukulwana sikaSirayeli xa sisonke."

[38] "Assim, eis que estão se aproximando os dias", adverte Yahweh, "em que esta cidade será construída para o SENHOR, desde a torre de Hananeel até a porta chamada da Esquina.

[39] A corda de medir será estendida diretamente até a colina de Garebe, virará e seguirá em direção a Goa.

[40] E todo o vale onde cadáveres e cinza são lançados, e todos os campos até o ribeiro de Cedrom, até a esquina da porta dos Cavalos para o Oriente, tudo será consagrado a Yahweh; nunca mais esta cidade verá a guerra sem fim, a destruição e o desespero.

[38]Lo ngumlomo kaNdikhoyo: "Iyeza imihla yokuba esi sixeko sakhelwe uNdikhoyo ukusuka kwinqaba kaHananeli kuse kwiSango leKona.

[39]Umda waso uya kusuka apho uye kuthi ga ngenduli iGarebhe, ujikele wenjenjeya ukuya eGowa.

[40]Yonke loo ntili kulahlwa kuyo izinto ezifileyo namabibi, nawo onke amasimi angasentla kwentlambo iKedron, kuye kutsho kwikona yeSango lamaHashe ngasempuma, iya kuba yekhethelwe uNdikhoyo. Esi sixeko asiyi kubuye sidilizwe, sibhukuqwe."

Jeremias 32

A promessa e o sinal da restauração de Israel e de bênçãos espirituais

[1] Esta é a Palavra que veio a Jeremias da parte de Yahweh, no décimo ano de Zedequias, rei de Judá, no décimo oitavo ano de Nabucodonosor.

[2] Naquele tempo, o exército do rei da Babilônia cercava Jerusalém, e o profeta Jeremias era mantido preso no pátio da guarda do palácio real de Judá.

[3] Zedequias, rei de Judá, havia aprisionado o profeta Jeremias acusando-o de pregar a seguinte profecia: 'Eis que Yahweh entregará a cidade nas mãos do rei da Babilônia e este a conquistará;

[4] Zedequias, rei de Judá, não escapará das mãos dos caldeus, babilônios, mas com toda a certeza será entregue nas mãos do rei da

UJeremiya 32

UJeremiya uthenga umhlaba

[1]Kunyaka weshumi ukumkani uZedekiya elawula kwaJuda,owawungunyaka weshumi elinesibhozo kulawula ukumkani uNebhukadenezare eBhabheli, lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo.

[2]Ngelo xesha umkhosi wokumkani waseBhabheli wawuyingqingile iJerusalem, yena uJeremiya evalelwe eyadini yabalindi ebhotwe lakwaJuda.

[3]Wayevalelwe entolongweni apho ngukumkani wakwaJuda uZedekiya, esithi: "Kutheni le nto ushumayela ngolu hlobo? Kaloku uthi: 'Utsho uNdikhoyo ukuthi: Esi sixeko ndiza kusinikezela esandleni sokumkani waseBhabheli, ndimvumele asithimbe.

[4]Ke yena uZedekiya ukumkani wakwaJuda naye akayi kusinda esandleni samaKaledi, koko wonikezelwa esandleni

Babilônia, falará com ele face a face e o verá com os seus próprios olhos;

5 e ele levará Zedequias para a Babilônia onde permanecerá até que Yahweh trate da situação dele; e, ainda, se eles lutarem contra os babilônios, não alcançaram vitória.

6 Então Jeremias declarou: “Eis que Yahweh dirigiu-me a sua Palavra nos seguintes termos:

7 ‘Hanameel, filho de seu tio Salum, virá ao seu encontro e proporá: ‘Compra,pois, o meu campo que está em Anatote, porquanto tens o direito de resgate, e igualmente tua é a responsabilidade de comprá-lo.

8 Então, de acordo com a Palavra do SENHOR, meu primo Hanameel veio encontrar-se comigo no pátio da guarda e me declarou: ‘Compra o meu campo que está em Anatote, nas terras de Benjamim; porque o direito de herança e resgate diante da lei é teu. Compra-o para ti sem demora!’. Então compreendi que essa era a Palavra do SENHOR.

9 Assim, comprei do meu primo Hanameel a propriedade que ele possuía em Anatote. Pesei a prata e lhe paguei dezessete peças de prata.

10 Assinei e selei a escritura de posse da terra, e pesei a prata na balança, diante de testemunhas por mim convidadas.

11 Peguei a escritura, a cópia selada com os termos e condições da compra, bem como a cópia não selada,

sokumkani waseBhabheli, babonane ngamehlo, bathethe ubuso ngobuso.

5Ukumkani waseBhabheli womthatha uZedekiya, amse eBhabheli, apho aya kuhlala khona kude kufike ithuba lokuba ndimvele, lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Nokuba ningade nilwe nomkhosi wamaKaledi anisayi kuphumelela.’ ”

6UJeremiya wathi: “Livakele ilizwi likaNdikhoyo lisithi kum:

7UHanameli, unyana kayihlokazi uShalum, uza kuza kuwe, athi: ‘Wuthenge umhlaba wam oseAnatoti. Kaloku nguwe isizalwana segazi esinelungelo lokukhulula loo mhlaba.’

8“Eneneni ke, weza kum apho kuloo yadi yasebhotwe uHanameli unyana kabawokazi, wathi: ‘Khawuwuthenge umhlaba wam oseAnatoti kummandla wakwaBhenjamin. Kaloku nguwe isizalwana segazi esinelungelo lokuwukhulula loo mhlaba uwuthenge.’ “Ndaqonda ke ukuba ngenene nguNdikhoyo lo ubethetha nam.

9Ndawuthenga loo mhlaba kuHanameli, ndayibala imali ngokuyibeka esikalini, ndamnika isiliva ebunzima buziigram ezimakhulu mabini.

10Ndayibhala incwadi yentengiso, ndayisayina, ndayitywina, yangqinwa, ndaza imali ndayikhangela ubunzima bayo esikalini.

11Ndazithatha iincwadi zentengiso, nditsho incwadi etywiniweyo equlethe imiqathango yentengiso kunye nekopi yayo engatywinwanga,

[12] e entreguei essa escritura de compra a Baruque, filho de Nerias, filho de Maaseias, na presença de meu primo Hanameel, das testemunhas que tinham assinado a escritura e de todos os judeus que estavam sentados no pátio da guarda.

[13] Então, diante deles dei as seguintes orientações a Baruque:

[14] Assim diz o Eterno Todo-Poderoso, Deus de Israel: 'Toma estas escrituras de compra, tanto a selada quanto a aberta, e coloque-as em um vaso de barro, a fim de que sejam conservadas por vários anos.

[15] Pois assim declara Yahweh dos Exércitos, o Deus de Israel: Ainda se comprarão casas, campos e vinhas nesta terra.

[16] Depois de entregar a escritura de compra a Baruque, filho de Nerias, orei a Yahweh:

[17] Ó Eterno, meu Deus!Tu que fizeste os céus e a terra com o teu grande poder e com o teu braço estendido, nada é impossível para ti!

[18] Tu usas de misericórdia até mil gerações, mas retribuis o pecado dos pais nos filhos. Tu és o grande e poderoso Deus, cujo nome é Yahweh dos Exércitos.

[19] Teus propósitos são altíssimos e tuas realizações, poderosas. Teus olhos observam todo o comportamento dos seres humanos, a fim de retribuíres a cada pessoa segundo a sua atitude, segundo merecem os seus atos.

[12]ndaza ndazinika uBharuki unyana kaNeriya unyana kaMaseya. Ndamnika kukho uHanameli unyana kabawokazi kunye namangqina awayisayinayo incwadi yentengiso, kwakunye namaJuda onke awayekho apho kuloo yadi.

[13]Ndamyalela uBharuki emehlweni abo bonke, ndathi:

[14]'Utsho uNdikhoyo onguSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Thatha ezi ncwadi zentengiso zombini, nditsho etywiniweyo nengatywinwanga, uzifake engqayini, ukuze zigcinakale ixesha elide.

[15]Kaloku utsho uNdikhoyo uSomandla-onke onguThixo kaSirayeli ukuthi: Ziza kubuya zithengwe izindlu, nemihlaba, kunye nezidiliya kweli lizwe.' ”

Umthandazo kaJeremiya

[16]“Ndathi ndakuba ndimnikile uBharuki incwadi yentengiso yomhlaba, ndathandaza ndibhekisa kuNdikhoyo, ndisithi:

[17]'Aa, Mhlekazi Ndikhoyo, wena wasolula isandla sakho, wawenza umhlaba nesibhakabhaka ngamandla akho amakhulu! Akukho nanye into ekunqabelayo wena!

[18]Wena uwenzela ububele amawaka-waka, uphinde ubuyekeze ubugwenxa booyise kwizizukulwana, wena Thixo omkhulu onamandla, ogama linguNdikhoyo uSomandla-onke.

[19]Hayi ukuphakama kwezicwangciso zakho nokumangalisa kwemisebenzi yakho, omehlo aqwalasele zonke iindlela zabantu, ukuze ubuyekeze ulowo nalowo ngokwesimo nezenzo zakhe!

[20] Fizeste sinais e maravilhas na terra do Egito, que duram até o dia de hoje, tanto em Israel como entre toda a humanidade; e construíste para ti uma reputação como a que tens hoje em toda a terra.

[21] Libertaste o teu povo Israel das mãos dos egípcios e da terra do Egito, com sinais e maravilhas, com braço forte e causando grande pavor entre todos.

[22] E lhes concedeste a terra, que juraste a seus pais que lhes daria, uma terra que jorra leite e mel.

[23] Vieram e dela tomaram posse; mas não obedeceram à tua voz nem andaram conforme a tua lei. Eles nada fizeram de tudo o que lhes mandaste fazer; por isso tu enviaste sobre eles todo tipo de desgraça.

[24] As rampas já chegam à cidade para conquistá-la. Ela está entregue nas mãos dos caldeus, babilônios, que a estão enfraquecendo mediante a guerra, a fome e a peste. O que profetizaste, de fato, se cumpriu. Teus próprios olhos o podem comprovar!

[25] Contudo, tu me ordenaste, ó Eterno Deus: 'Compra para ti mesmo o terreno que te indiquei e convoca testemunhas, embora a cidade já esteja sendo tomada pelos babilônios!'

[26] "Eis que a Palavra de Yahweh veio a mim, declarando:

[27] 'Eu Sou Yahweh, o Deus de toda a humanidade. Existe algo em todo o universo que Eu não possa realizar?'

[28] Portanto, assim afirma o SENHOR: 'Eis que estou entregando esta cidade nas mãos

[20]Wênza imiqondiso eJiputa. Uthe rhoqo ukwenjenjalo unanamhla nalapha kwaSirayeli naseluntwini luphela, wazenzela igama njengokuba kusenjalo.

[21]Wabakhupha eJiputa abantu bakho amaSirayeli ngemiqondiso nemimangaliso ngesandla sakho esomeleleyo nangengalo yakho enamandla, eyabarhwaqelisayo abantu.

[22]Wabanika umhlaba ochumileyo ovuza ubisi nobusi owawuthembisa ookhokho ngesifungo.

[23]Bakuba bengenile bema kumhlaba owabanika wona, suka bayityeshela imiyalelo yakho, abakuthobela, abazenza tu izinto owathi maze bazenze. Yiyo ke loo nto behlelwe leli shwangusha nje.

[24]" 'Khangela, asingqingile esi sixeko amaKaledi, enza iingqumba zokusihlasela. Siza kunikezelwa esi sixeko ngenxa yekrele, nendlala, nobhubhani. Ilizwi lakho liyazaliseka njengokuba nawe ubona.

[25]Kuyo yonke loo nto, wena Mhlekazi Ndikhoyo, uthe kum: "Zithengele umhlaba ngemali phambi kwala mangqina," kanye ngoku esi sixeko siza kunikezelwa esandleni samaKaledi.' "

[26]Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[27]"Khangela, mna ndinguNdikhoyo, uThixo woluntu luphela. Akukho nanye into enokundinqabela.

[28]Nditsho ke ngoko mna Ndikhoyo ukuthi: Esi sixeko ndiza kusinikela esandleni

dos babilônios e de Nabucodonosor, rei da Babilônia, que a conquistará.

29 Os babilônios, que estão atacando esta cidade, invadirão e a incendiarão. Eles a queimarão com todas as suas casas nas quais o povo provocou a minha ira queimando incenso a Baal nos seus terraços e derramando ofertas de bebida em honra a outros deuses.

30 Porquanto desde a sua juventude, os filhos de Israel e de Judá têm praticado somente o que julgo mau; de fato, o povo de Israel nada tem feito além de provocar-me à ira!', afirma Yahweh.

31 Desde o dia em que foi construída até nos dias de hoje, esta cidade tem despertado o meu furor de tal modo que tenho que tirá-la de diante da minha face.

32 O povo de Israel e de Judá têm provocado a minha cólera devido a todo mal que têm praticado, tanto o povo como os seus reis, governantes, líderes, sacerdotes e até seus profetas, assim como todas as pessoas de Judá e todos os habitantes de Jerusalém.

33 Eis que todo o meu povo voltou suas costas para mim e não me olhou de frente; ainda que Eu mesmo os tenha ensinado repetidas vezes, preferiram não me dar ouvidos, tampouco aceitaram a disciplina e a correção que lhes apliquei.

34 Chegaram ao cúmulo de profanar o Templo que leva o meu Nome, conservando em suas dependências as imagens de seus ídolos.

35 Também construíram os postes-ídolos e altos para Baal, que estão no vale de Ben-

samaKaledi nakukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare, yena oya kusithimba.

29Aza kusihlasela amaKaledi, asintumeke ngomlilo, sitshe pam kunye nezo zindlu zabantu abandixhokonxa ngokwenzela kuzo isiqhumiso sesithixo uBhali neminikelo ethululwayo isenzelwa thixo bambi.

30AmaSirayeli namaJuda ayesenza ubugwenxa bodwa ukusukela kwasekusekweni kwawo; âhlala endixhokonxa ngemisebenzi yezandla zawo. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

31Kwasekusekweni kwaso, kude kube ngoku, esi sixeko sandixhokonxa, sandivusela umsindo nengqumbo, kangangokuba kungokunje ndifuna sitshatyalaliswe siphele emehlweni am.

32Ewe, amaSirayeli namaJuda andixhokonxile ngobugwenxa bawo; nditsho wona, ookumkani bawo, iziphathamandla, ababingeleli, abashumayeli, abantu bakwaJuda, nabemi baseJerusalem.

33Bandifulathela nangona ndandiphindelela ukubafundisa; abavumanga ukuphulaphula nokuyamkela ingqeqesho.

34Bade baxabhela nendlu ebizwa ngegama lam ngokuya kumisa kuyo ezo zithixo zabo zinezothe.

35UBhali bamakhele amaqonga kulaa ntili iHinom, apho benzela khona

Hinom, para oferecer como holocausto a Moloque os seus próprios filhos e as suas filhas, sacrifício que jamais ordenei, ritual repugnante que nunca imaginei aceitar; e, deste modo, levaram Judá a pecar horrivelmente!’

[36] Portanto, assim afirma Yahweh a esta cidade, sobre a qual chegam notícias de toda parte dando conta que em breve será entregue nas mãos dos caldeus, babilônios, por meio da guerra, da fome e das doenças contagiosas:

[37] ‘Eis que Eu os remirei de todas as terras para onde os dispersei na minha ira, no meu juízo e na minha grande e terrível indignação; e os trarei de volta a este exato lugar, e farei com que habitem em plena segurança.

[38] Eles serão o meu povo e Eu serei seu Deus.

[39] E lhes darei um só propósito, um só coração e um só Caminho; a fim de que me amem com amor reverente para sempre, para o seu bem e para o bem de seus filhos no futuro.

[40] Farei com eles uma Aliança eterna: não deixarei de abençoá-los com tudo de bom e colocarei o meu temor no íntimo do seu ser, para que nunca mais se afastem da minha pessoa.

[41] Eu me alegrarei, fazendo-lhes o bem. E os plantarei com firmeza nesta terra, com toda a minha fidelidade e carinho.

[42] Porquanto assim afirma o SENHOR: Do mesmo modo como Eu trouxe sobre este povo toda esta grande catástrofe, também

uMoleki amadini ngoonyana neentombi zabo. Andizange ndithi mabenze amanyumnyezi anje; ayizange ifike nokufika kum ingcinga yokuba bangade benze isikizi elinje ukulukuhlela uJuda esonweni.”

Ithemba

[36]“Nina nithi abantu besi sixeko baza kunikezelwa esandleni sokumkani waseBhabheli ngekrele nendlala nobhubhani. Ukanti nantsi into ethethwa nguNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngabo:

[37]‘Ngenene, ndiza kubaqokelela kuzo zonke iindawo endabasarhaza kuzo ndinomsindo omkhulu nengqumbo engathethekiyo, ndibabuyisele kwakule ndawo, bahlale bekhuselekile,

[38]babe ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo.

[39]Ndiya kubenza babe mxhelo mnye ekucingeni nasekwenzeni, bandihlonele maxa onke, ukuze balungelwe bona kunye nezizukulwana.

[40]Umnqophiso endiza kuwenza nabo ngongasoze utshitshe. Ndohlala ndibenzela ububele; ndibafake ifuthe lokundihlonela, bangaze babuye bandishiye.

[41]Koba luvuyo kum ukubabonelela; ngenene, ndiya kubamilisela kulo mhlaba ngomxhelo wam wonke.’

[42]“Utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘Njengoko ndibahlisele esi sihelegu nje aba bantu,

trarei sobre ele todo o bem que lhe tenho prometido.

43 Campos e propriedades serão novamente comprados em toda essa terra, sobre a qual dizeis: 'Eis que a nossa terra está toda arrasada, sem seu povo, nem mesmo os animais continuam vivendo aqui, pois está toda dominada pelos babilônios!"

44 Terrenos serão adquiridos mediante o pagamento de prata e com a garantia de escrituras de posse assinadas e seladas na presença de testemunhas idôneas no território de Benjamim, nos povoados ao redor de Jerusalém, nas cidades de Judá, e nas cidades dos montes, da Sefelá, nas planícies e do Neguebe, nas cidades da região sul, porque Eu restaurarei o bom destino deles!' Palavra do SENHOR.

ndiza kubuya ndibanike konke okuhle endabathembisa ngako.

43Iza kubuya ithengwe imihlaba kweli lizwe nithi nina liyinkangala engenakuhlalwa mntu nasilwanyana kuba linikelwe esandleni samaKaledi.

44Baza kuyithenga ngesiliva abantu imihlaba; iincwadi zentengiso baza kuzisayina, bazitywine emehlweni amangqina, nditsho kwaBhenjamin, nakwiilali ezingqonge iJerusalem, nakwiidolophu zeleentaba zakwaJuda, nakumazantsi eentaba, nakumzantsi-Juda, kuba kaloku baza kubuyela kundalashe, badle ngendebe endala.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo."

Jeremias 33

1 A Palavra do SENHOR veio a Jeremias pela segunda vez enquanto ainda estava preso no pátio da guarda, assegurando:

2 "Assim diz Yahweh, que fez a terra, lhe deu forma e a colocou em seu lugar. Eis que seu Nome é Yahweh, o Eterno.

3 Invoca-me e te responderei, e te revelarei conhecimentos grandiosos e inacessíveis, que não sabes.

4 Pois assim afirma o SENHOR, o Deus de Israel, a respeito das casas desta cidade e dos palácios reais de Judá, que foram derrubados para servirem de defesa contra as rampas de cerco e contra as armas de guerra;

5 quando pelejarem contra os caldeus, babilônios: "Eis que os cadáveres dos

UJeremiya 33

Ukukhululwa ekuthinjweni

[28] Permaneceu, pois, Jeremias no átrio da guarda, até ao dia em que a cidade de Jerusalém foi conquistada.

Jeremias 39

Nabucodonosor toma Jerusalém e livra Jeremias

[1] Ora, foi deste modo que Jerusalém foi conquistada: no nono ano do reinado de Zedequias, rei de Judá, no décimo mês, Nabucodonosor, rei da Babilônia, marchou contra a cidade de Jerusalém com todo o seu exército e a cercou totalmente.

[2] No nono dia do quarto mês do décimo primeiro ano de Zedequias, abriram uma brecha no muro da cidade.

[3] E todos os príncipes e oficiais do rei babilônico chegaram e se sentaram junto à porta chamada: do Meio. E eram eles: Nergal-Sarezer de Sangar, Nebo-Sarsequim, um dos chefes dos oficiais, Nergal-Serezer,

wathini kuwe? Ukuba uthethe konke, asiyi kukubulala,'

[26]uze uthi: 'Bendiye kucenga ukumkani ukuba angandibuyiseli kulaa ndlu kaJonatan, kuba ndoyika ukufela khona.' ”

[27]Zaya kuJeremiya zonke iziphathamandla, zafika zambuza ngencoko yakhe nokumkani. Wazixelela konke athe ukumkani aze azixelele kona. Azibanga nakumphikisa kuba yayingavelwanga bani incoko yakhe nokumkani.

[28]Wahlala apho uJeremiya kuloo nkundla yabalindi kwada kwafika umhla wokuthinjwa kweJerusalem.

Ukuwa kweJerusalem

Ukuthinjwa kweJerusalem kwahamba ngolu hlobo:

UJeremiya 39

[1]Ngenyanga yeshumi kunyaka wethoba ukumkani uZedekiya elawula kwaJuda, ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli nomkhosi wakhe uphela, waya kungqinga isixeko saseJerusalem.

[2]Kwathi ngomhla wethoba ngenyanga yesine kunyaka weshumi linanye uZedekiya engukumkani agqobhoza angena kweso sixeko amaKaledi.

[3]Zesuka zonke iziphathamandla zekumkani yaseBhabheli zaya kutsho ngakwiSango eliseMbindini, zafika zee nqwadalala ezihlalweni apho; yayingooNerigale-sharezere, noSamagare-nebho, noSarsekim umphathi oyintloko, nomnye uNerigale-

um alto oficial, e todos os outros príncipes do rei da Babilônia.

[4] Quando Zedequias, rei de Judá, e todos os guerreiros os viram, fugiram da cidade durante a noite, pelo caminho do jardim do rei, pela porta entre os dois muros; e seguiram pelo caminho da Arabá, isto é, do vale do Jordão.

[5] Mas o exército dos babilônios os perseguiu; e alcançou Zedequias nas planícies de Jericó. Eles o capturaram e o levaram cativo a Nabucodonosor, rei da Babilônia, em Ribla, na terra de Hamate, e o rei o sentenciou.

[6] Em Ribla, o rei da Babilônia mandou executar os filhos de Zedequias diante dos seus olhos, e também matou todos os nobres de Judá.

[7] Mandou furar os olhos de Zedequias e prendê-lo com correntes de bronze para que fosse conduzido a Babilônia.

[8] Os babilônios incendiaram o palácio real e as casas do povo e derrubaram os muros de Jerusalém.

[9] Nebuzaradã, o comandante da guarda imperial, deportou para a Babilônia o povo que restou na cidade, junto com aqueles que haviam se entregado a ele, e o restante dos artesãos e outros trabalhadores.

[10] Contudo, Nebuzaradã, capitão da guarda babilônica, decidiu deixar na terra de Judá somente alguns pobres dentre o povo, que nada possuíam. E concedeu-lhes vinhas e campos.

sharezere owayeyingqwayi-ngqwayi yomkhosi, kunye nezinye iindwalutho zokumkani waseBhabheli.

[4]Bathe bakuzibona ezi ziphathamandla ooZedekiya ukumkani wakwaJuda ekunye nomkhosi wakhe wonke, basaba; bemka ngobusuku esixekweni ngendlela edlula ngasesitiyeni sikakumkani, baphuma ngesango eliphahlwe ziindonga, babalekela entilini yeJordan.

[5]Umkhosi wamaKaledi wabasukela wamfumana uZedekiya kuloo mathafa aseJeriko. Amthatha amsa kukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli owayeseRibhela ezweni laseHamati. Lathethwa apho ityala likaZedekiya, waza wagwetywa.

[6]Ukumkani waseBhabheli wababulala apho eRibhela oonyana bakaZedekiya ejongile, ngokunjalo wazibulala neendwalutho zonke zakwaJuda.

[7]Wamtyhaphaza amehlo uZedekiya, wamfaka amakhamandela enziwe ngobhedu, ukuze asiwe eBhabheli.

[8]Ibhotwe lokumkani, nezindlu zabantu, zatshiswa ngomlilo ngamaKaledi, adiliza neendonga zeJerusalem.

[9]Umphathi wabalindi bekumkani, uNebhuzaradan, wabaqhubela eBhabheli ekuthinjweni abantu abasala esixekweni, bekunye nabo babezinikezele, nabanye abantu abaseleyo.

[10]Kodwa inxalenye yabantu ababengamahlwempu angenanto tu, wabashiya ezweni lakwaJuda umphathi uNebhuzaradan, wababela amasimi nezidiliya.

[11] Nabucodonosor, rei da Babilônia, tinha dado ordens expressas quanto a Jeremias ao capitão Nebuzaradã, nos seguintes termos:
[12] “Leva-o e cuida bem dele, e não lhe causes mal algum; mas atende-o no que te solicitar.”

[13] Então, o capitão Nebuzaradã, Nebusazbã, um dos chefes dos oficiais, Rabe-Sáris, Nergal-Sarezer, Rabe-Mague e todos os demais príncipes do rei da Babilônia,

[14] mandaram retirar Jeremias do átrio da guarda e o entregaram a Gedalias, filho de Aicam, filho de Safã, para que o levasse à residência do governador. Assim, Jeremias permaneceu no meio do seu povo.

[15] A Palavra de Yahweh tinha vindo a Jeremias, estando ele ainda preso no pátio da guarda com a seguinte orientação:
[16] “Vai e fala a Ebede-Meleque, o etíope: Assim adverte o Eterno Todo-Poderoso, Deus de Israel: Eis que estou para cumprir as minhas palavras sobre a cidade, por meio de uma grande desgraça e não com prosperidade. E, naquele Dia, todas as minhas profecias se cumprirão diante dos teus olhos!
[17] Contudo, Eu, com toda a certeza, te salvarei naquele Dia, assegura o SENHOR, e não serás entregue nas mãos dos homens a quem temes.

[18] Pois, em verdade, te resgatarei, e não morrerás ao fio da espada, mas terás a tua vida como despojo, porquanto depositaste a

[11]Mayela noJeremiya ukumkani uNebhukadenezare wayalela umphathi-balindi bakomkhulu uNebhuzaradan wathi:
[12]“Mthathe uJeremiya, umphathe kakuhle, ungamenzakalisi, umenzele loo nto ayifunayo.”
[13]Ngoko ke umphathi-balindi uNebhuzaradan ekunye noNebhushazibhan umphathi oyintloko, nengqwayi-ngqwayi yomkhosi uNerigale-sharezere, bekunye nezinye iindwalutho zokumkani waseBhabheli,
[14]bathi makuye kukhutshwa uJeremiya kulaa nkundla yabalindi wayehlala kuyo. Bamnikezela kuGedaliya unyana ka-Ahikam unyana kaShafan ukuba amgoduse. Wasala wahlala phakathi kwabantu bakowabo ke uJeremiya.
[15]Ngexesha uJeremiya wayevaleleke enkundleni yabalindi lavakala kuye ilizwi likaNdikhoyo, lisithi:

[16]“Yiya kuxelela uEbhedi-meleki umKushe uthi: ‘Utsho uNdikhoyo uSomandla-onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: Amazwi am mayela nesi sixeko ndiya kuwazalisekisa ngokusihlisela intlekele, ingabi kokulungileyo. Loo nto iza kuhla uyijongile, lakufika ixesha.

[17]Kodwa wena ndokuhlangula ngaloo mini. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Wena akuyi kunikezelwa esandleni saloo madoda uwaxhaleleyo.
[18]Inene, ndiza kukuhlangula, ungawi likrele, businde ubomi bakho, kuba ubuthembele ngam wena. Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.’ ”

tua confiança na minha pessoa!" Palavra de Yahweh.

Jeremias 40

Jeremias fica em Mispa com Gedalias

[1] Então Yahweh dirigiu sua Palavra a Jeremias depois que o comandante da guarda imperial, Nebuzaradã, o libertou em Ramá. Ele tinha encontrado Jeremias acorrentado entre todos os cativos de Jerusalém e de Judá que estavam sendo conduzidos para o exílio na Babilônia.

[2] O comandante da guarda levou Jeremias e lhe disse: "Foi Yahweh, o teu Deus, que determinou esta catástrofe contra este lugar;

[3] e o SENHOR cumpriu e fez como tinha profetizado. Portanto, tudo isso vos aconteceu porque pecastes contra o Eterno e não obedecestes a sua voz e Palavra.

[4] Contudo, eis que hoje eu te liberto das correntes que prendem as tuas mãos. Se desejares, és bem-vindo em minha companhia rumo à Babilônia, e zelarei para que sejas cercado de todos os cuidados. Contudo, se preferires não vir comigo para a Babilônia, não venhas. Observa! Eis que toda a terra está diante de ti; vai para onde te parecer bem e conveniente!"

[5] Entretanto, antes de Jeremias responder, o comandante da guarda, Nebuzaradã lhe propôs: "Volta, pois, a Gedalias, filho de Aicam, filho de Safã, a quem o rei da Babilônia constituiu governador das cidades de Judá, e vive com ele entre o povo, ou parte para qualquer outro lugar onde desejares habitar!" Então o comandante lhe

UJeremiya 40

Ukukhululwa kukaJeremiya

[1]Lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya, akuba ekhululwe nguNebhuzaradan umphathi-balindi bakomkhulu, eRama. UNebhuzaradan wafika uJeremiya ekhonkxiwe ephakathi kwabathinjwa baseJerusalem nakwaJuda, ababesisiwa ekuthinjweni eBhabheli.

[2]Akufika kuJeremiya umphathi-balindi wathi: " NguNdikhoyo uThixo wenu ocwangcise le ntlekele inihleleyo kule ndawo.

[3]Uyenzile ke uNdikhoyo loo nto njengokuba wayetshilo. Nifikelwe yile nto ngenxa yokuba nimonile uNdikhoyo anamphulaphula.

[4]Uyabona, namhlanje ndiza kukukhulula kula matyathanga ubotshwe izandla ngawo. Ungaya nam eBhabhehli ukuba uyafuna; ndokulungiselela. Phofu ungasala uhlale apha ukuba akufuni, okanye ungaya naphi na apho uthanda khona kweli lizwe."

[5]Kambe ke engekahambi uJeremiya uNebhuzaradan uqokele wenjenje: "Ungabuyela kuGedaliya unyana ka-Ahikam ozalwa nguShafan, omiselwe ukuba alawule iidolophu zakwaJuda ngukumkani waseBhabheli. Ungahlala naye phakathi kwamawenu, okanye uye naphi na apho uthanda khona." Watsho emnika umphako

deu provisões para a viagem e um presente, e o deixou seguir seu caminho.

[6] Sendo assim, Jeremias foi até Gedalias, filho de Aicam, em Mispá, e permaneceu em sua companhia, vivendo entre o povo que havia ficado na terra.

[7] Quando os chefes das forças que estavam no campo e os seus soldados souberam que o rei da Babilônia havia estabelecido Gedalias, filho de Aicam, como governador da terra, e que lhe havia confiado homens, mulheres e crianças, os mais pobres da terra, que não haviam sido deportados para a Babilônia,

[8] foram encontrar-se com Gedalias em Mispá. Eram eles: Ismael, filho de Netanias; Joanã e Jônatas, filhos de Careá; Seraías, filho de Tanumete; os filhos de Efai, de Netofate e Jazanias, filho do maacatita, juntamente com os seus soldados.

[9] Gedalias, filho de Aicam, neto de Safã, fez um juramento a eles e aos seus soldados, dizendo: “Não tenhais qualquer receio de vos sujeitar aos babilônios! Habitai na terra e submetei-vos ao rei da Babilônia, e assim sereis bem-sucedidos.

[10] Eu, porém, continuarei vivendo em Mispá, para vos representar perante os babilônios que vierem a nós. Vós, contudo, colhei boas uvas para fazer vinho e as frutas de verão, bem como as olivas para o azeite puro. Armazenai tudo isso nos vossos jarros e estabelecei-vos em paz nas cidades que ocupastes!”

loo mphathi-balindi kwakunye nesipho, wamndulula uJeremiya.

[6]Wesuka apho uJeremiya, waya kuGedaliya unyana ka-Ahikam owayeseMizpa, wafika wahlala naye phakathi kwabantu ababesele kwelo lizwe.

UGedaliya ulawula kwaJuda

(2 Kum 25:22-24)

[7]Ukumkani waseBhabheli wamisela uGedaliya unyana ka-Ahikam ukuba abe ngumphathiswa welizwe elo, abe phantsi kwakhe loo madoda nabafazi nabantwana kwabo bahlelelekileyo ababengafuduswanga basiwa eBhabheli. Ke abaphathi bamabutho ababesemaphandleni benamadoda awo, bakukuva oku,

[8]basuka baya eMizpa apho kuGedaliya. Babekhokelwe ngooIshmayeli unyana kaNetaniya, uYohanan noJonatan oonyana bakaKareya, kunye noSeraya unyana kaTanumeti, bekunye noonyana bakaEfayi wakwaNetofa, kunye noYaziya umfo waseMahaka, nabalandeli babo.

[9]Wafunga uGedaliya, unyana ka-Ahikam, umzukulwana kaShafan, wathi kubo nabalandeli babo: “Ze ningoyiki ukuwakhonza amaKaledi. Hlalani apha kweli lizwe, nithobele ukumkani waseBhabheli. Xa nenjenjalo niya kulungelwa.

[10]Mna ke ndiza kuhlala eMizpa, ndibe ngummeli wenu kumaKaledi asihambelayo. Yiyani kuqokelela iwayini, neziqhamo zasehlotyeni, neoyile yeminquma, nifake koovimba, nihlale kwezo dolophu nizithathileyo.”

[11] Do mesmo modo, quando todos os judeus que viviam em Moabe, entre os amonitas e em Edom, e os que se encontravam em todos os países tomaram conhecimento que o rei da Babilônia tinha permitido um remanescente em Judá e nomeado Gedalias, filho de Aicam, filho de Safãm, como autoridade sobre eles;

[12] todos os judeus de todas as partes para onde foram expulsos retornaram rapidamente para a terra de Judá, até Gedalias em Mispá, e colheram grande quantidade de uvas para o vinho e as boas frutas de verão.

[13] Joanã, filho de Careá e todos os comandantes do exército que ainda estavam em campo aberto, foram até Gedalias em Mispá,

[14] e lhe advertiram: “Tu não sabes que Baalis, rei dos amonitas, mandou Ismael, filho de Netanias, com o objetivo de tirar-te a vida?” Contudo, Gedalias, filho de Aicam, não acreditou no que eles disseram.

[15] Então Joanã, filho de Careá, teve uma conversa em particular com Gedalias em Mispá e lhe sugeriu: “Peço-te que me deixes ir e matar Ismael, filho de Netanias, sem que ninguém o saiba. Por que motivo ele teria o direito de tirar-te a vida, de modo que fossem dispersos todos os judeus que se uniram a ti e fosse exterminado o remanescente de Judá?”

[16] Todavia Gedalias, filho de Aicam, desencorajou a Joanã, filho de Careá, considerando: “Ora, não tomes uma atitude

[11]Athi amaJuda awayekwaMowabhi, nawayekwa-Amon, nakwaEdom, nakuwo onke amanye amazwe, akuva ukuba ukumkani waseBhabheli washiya igcudwana kwaJuda, waza wamisa uGedaliya unyana ka-Ahikam ozalwa nguShafan ukuba abe ngumphathiswa,

[12]asuka onke, abuyela kwelakwaJuda, aya kuGedaliya eMizpa. Ayesuka kumazwe ngamazwe awayethe saa kuwo. Aqokelela intaphane yewayini neziqhamo zasehlotyeni.

Ukugwintwa kukaGedaliya

(2 Kum 25:25-26)

[13]Kwafika uYohanan unyana kaKareya kuGedaliya eMizpa, ehamba nabanye abaphathi bamabutho awayesemaphandleni,

[14]bathi kuye: “Akuvanga na ukuba uBhahalisi ukumkani wama-Amon uthumele uIshmayeli unyana kaNetaniya ukuba akugwinte?” UGedaliya yena unyana ka-Ahikam akazange abakholelwe.

[15]Emva koko uYohanan unyana kaKareya waya kuGedaliya ngasese apho eMizpa, wathi: “Ndivumele ndiye kubulala uIshamyeli unyana kaNetaniya; akukho mntu uya kuyazi loo nto. Makangayekwa akubulale, aze la maJuda aqokeleleke apha phantsi kwakho athi saa, atshabalale amasalela akwaJuda.”

[16]UGedaliya waphendula uYohanan ngelithi: “Uze ungakhe uyenze into enjalo! Bubuxoki le nto wena uyithethayo ngoIshmayeli.”

drástica dessas, porquanto o que estás pensando sobre Ismael não é verdade!”

Jeremias 41

O assassinato de Gedalias

1 E aconteceu que, no sétimo mês, veio Ismael, filho de Netanias, filho de Elisama, de família real, e dez homens, capitães do rei em sua companhia, à presença de Gedalias, filho de Aicão, em Mispá. E ali, reunidos, repartiram e comerão pão.

2 Então levantou-se Ismael, filho de Netanias, com os dez homens que estavam com ele e passaram ao fio da espada Gedalias, filho de Aicam, filho de Safã, matando assim aquele que o rei da Babilônia havia colocado como governador sobre a terra.

3 Ismael também matou todos os judeus que estavam com Gedalias, em Mispá, assim como os soldados caldeus babilônicos que se encontravam ali.

4 No dia seguinte ao assassinato de Gedalias, antes que alguma pessoa ficasse sabendo do ocorrido,

5 oitenta homens que haviam rapado a barba, rasgado suas vestes e feito cortes pelo corpo, vieram de Siquém, de Siló e de Samaria, trazendo ofertas cereais e incenso puro para depositar no Templo, a Casa de Yahweh.

6 Ismael, filho de Netanias, saiu de Mispá para encontrá-los. Ele caminhava em prantos na direção deles. Assim que os encontrou, exclamou: “Vinde, pois, depressa, até onde se encontra Gedalias, filho de Aicam!”

UJeremiya 41

1Kwathi ngenyanga yesixhenxe uIshmayeli unyana kaNetaniya unyana kaElishama, owayengumntwana wegazi ekwayingqwayi-ngqwayi kakumkani, waya eMizpa kuGedaliya unyana ka-Ahikam, ehamba neshumi lamadoda, baza batya kunye. Kwathi ke besahleli etafileni apho

2suka uIshmayeli unyana kaNetaniya kunye nelo shumi lamadoda ayehamba naye baphakama bamxabela ngekrele uGedaliya, unyana ka-Ahikam ongumzukulwana kaShafan. Ngeso senzo bamgwinta owayengumphathiswa welo lizwe omiselwe ngukumkani waseBhabheli.

3Bawabulala namanye amaJuda onke awayeseMizpa kunye noGedaliya, kwakunye namajoni angamaKaledi awayelapho.

4Ngomhla wesibini olandela ukugwintwa kukaGedaliya, ingekaziwa loo nto,

5kwafika amashumi asibhozo amadoda, evela eShekem naseShilo naseSamariya. Ayezichebile iindevu, ezikrazule izambatho, imizimba eyicentile. Ayephethe iminikelo yeenkozo kunye nentlaka yesiqhumiso, ezizisa endlwini kaNdikhoyo.

6UIshmayeli unyana kaNetaniya wasuka eMizpa, wawahlangabeza ehamba elila. Ufikile kubo, wathi: “Yizani kuGedaliya unyana ka-Ahikam.”

[7] Quando entraram na cidade, Ismael, filho de Netanias, e os homens que estavam com ele os mataram e atiraram seus corpos em uma cisterna.

[7]Kodwa athi nje akuthi cakatha phakathi esixekweni, uIshmayeli nabo babehamba naye bawatyakatya loo madoda, bawaphosa emhadini.

[8] Contudo, dez deles conseguiram rogar a Ismael: “Não nos mates! Temos muito trigo, cevada, azeite e mel! Tudo isso está escondido no campo!” E, por esse motivo, ele os deixou em paz e não os matou com todos os outros.

[8]Ishumi laloo madoda lona lathi kuIshamayeli: “Musa ukusibulala thina; sinokutya esikufihlileyo endle: ingqolowa, neoyile yomnquma, nobusi.” Wawayeka ke lawo amadoda akawabulala njengamanye.

[9] O poço no qual ele jogou os homens que havia matado, juntamente com o corpo de Gedalias, tinha sido cavado pelo rei Asa com o objetivo de se defender de Baasa, rei de Israel. E assim, Ismael, filho de Netanias, encheu esse poço de cadáveres.

[9]Umhadi okwaphoswa kuwo izidumbu zamadoda abulawa nguIshmayeli kwakunye nesikaGedaliya wenziwa ngukumkani uAsa xa wayehlaselwa ngukumkani uBhasha wakwaSirayeli. Ke uIshmayeli unyana kaNetaniya wawuzalisa loo mhadi zizidumbu zabagwintiweyo.

[10] Ismael tomou como prisioneiros todo o restante do povo que estava em Mispá, inclusive as filhas do rei, sobre os quais Nebuzaradã, o capitão da guarda imperial, havia nomeado Gedalias, filho de Aicam, governador. Ismael, filho de Netanias, levou-os como cativos e atravessou o território de Amom.

[10]UIshmayeli wathimba bonke abantu abâsaláyo eMizpa, iintombi zokumkani nabanye bonke abasala ngexesha uNebhuzaradan umphathi-balindi bakomkhulu waphathisa uGedaliya unyana ka-Ahikam. Wahamba nabo wawelela kwelaseAmon.

[11] Quando Joanã, filho de Careá, e todos os comandantes do exército que com ele estavam souberam do crime que Ismael, filho de Netanias, tinha cometido,

[11]Kwathi bakuvakala kuYohanan unyana kaKareya kunye nabaphathi-mabutho bonke ububi obenziwe nguIshmayeli unyana kaNetaniya,

[12] convocaram todos os seus soldados para guerrear contra Ismael. E o encontraram perto do grande açude de Gibeão.

[12]banduluka nawo onke amadoda amabutho abo, baya kuhlasela uIshmayeli. Bamfumana emise ngakwelaa chibi likhulu laseGibheyon.

[13] Assim que todas as pessoas levadas por Ismael como prisioneiras, viram Joanã, filho de Careá, e todos os chefes das forças

[13]Bavuya abantu ababehamba noIshmayeli bakubona uYohanan esiza nabaphathi-mabutho,

militares que se aproximavam com ele, ficaram muito alegres.

[14] Todo o povo que Ismael tinha levado cativo da cidade de Mispá virou as costas e passou para o lado de Joanã, filho de Careá.

[15] Mas Ismael, filho de Netanias, escapou de Joanã juntamente com oito homens e foi para o território de Amom.

[16] Então, Joanã, filho de Careá, e todos os príncipes e comandantes do exército que com ele estavam levaram todos os que tinham restado em Mispá, os quais ele tinha livrado de Ismael, filho de Netanias, depois que este havia assassinado Gedalias, filho de Aicam: os soldados, as mulheres, as crianças e os oficiais e eunucos que serviam no palácio real, todos que ele tinha trazido de Gibeom.

[17] E todos partiram e caminharam até parar em Gerute-Quimã, próximo de Belém, na direção da entrada para o Egito.

[18] Desejavam ansiosamente escapar dos caldeus babilônios. Estavam com medo, porquanto Ismael, filho de Netanias, tinha matado Gedalias, filho de Aicam, a quem o rei da Babilônia instituíra governador de Judá.

[14]bajika bonke abo babethinjwe nguIshmayeli eMizpa, bangenela kuYohanan unyana kaKareya.

[15]Waphuncuka kodwa yena uIshmayeli unyana kaNetaniya namadoda asibhozo, baya kutsho kwelama-Amon.

[16]UJohanan unyana kaKareya, ekunye nabaphathi-mabutho, bajika namasalela abantu abaqweqwediswa nguIshmayeli unyana kaNetaniya owagwinta uGedaliya unyana ka-Ahikam esuka nabo eMizpa. Yayingamadoda axhobileyo, abafazi nabantwana, namagosa asebhotwe awayevela nawo eGibheyon.

[17]Banduluka bemisa eGerute-kimham ngaseBhetelehem kwindlela yabo esinga eJiputa,

[18]bephepha amaKaledi. Babesoyika kuba uIshmayeli unyana kaNetaniya wagwinta uGedaliya unyana ka-Ahikam owemiswa ngukumkani waseBhabheli ukuba abe ngumphathiswa welo lizwe.

Jeremias 42

Jeremias exorta o povo a não ir à terra do Egito

[1] Então, todos os líderes do exército, inclusive Iohanan ben Carêah, Joanã filho de Careá, e Iezaniá ben Hoshaiá, Jezanias filho de Hosaías, e todo o povo, desde o menor até o maior, se achegaram a mim,

[2] e me rogaram: “Ó profeta Jeremias, suplicamos que aceites o pedido que fazemos diante de ti para que intercedas

UJeremiya 42

Abantu bacela uJeremiya ukuba abathandazele

[1]Emva koko bonke abaphathi-mabutho kunye noYohanan unyana kaKareya bekunye noYazaniya unyana kaHoshaya nabantu bonke, abancinane nabakhulu, baya

[2]kumshumayeli uJeremiya, bafika bathi kuye: “Nceda usamkele isicelo sethu kuwe: Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wakho,

junto a Yahweh, teu Deus, em nosso favor e por todo este remanescente; porque, como podes observar, somos poucos que sobreviveram de uma grande multidão!

ucelele onke la masalela, kuba nawe ngokwakho uyabona ukuba naxa sasibaninzi ngoku sesisele siliqaqobana.

3 Ora, pois, para que Yahweh, o SENHOR teu Deus, nos indique o caminho que devemos seguir e o que devemos fazer.”

3Mcele uNdikhoyo uThixo wakho ukuba asityhilele indlela emasihambe ngayo, nento emasiyenze.”

4 Diante desta petição, repliquei-lhes: “Eis que eu vos atenderei e orarei ao SENHOR vosso Deus conforme o vosso pedido; e vos declararei exatamente o que Yahweh vos responder, sem vos ocultar nada!”

4Umshumayeli uJeremiya usuke wenjenje ukuthetha nabo: “Ndivile. Ndiza kunithandazela kuNdikhoyo uThixo wenu, ndaye ndiya kunazisa yonke into uNdikhoyo aniphendula ngayo; andiyi kunifihlela nto konke.”

5 Então disseram a Jeremias: “Que Yahweh seja testemunha verdadeira e fiel contra nós, se assim não fizermos tudo de acordo com o que o SENHOR, teu Deus, nos ordenar por intermédio da tua pessoa!

5Bathi bona kuJeremiya: “UNdikhoyo aze abe lingqina elithembekileyo nelinyanisekileyo, achasane nathi xa singayenziyo yonke into uNdikhoyo uThixo wakho akuthumayo ukuba usixelele.

6 Seja a resposta boa, seja má, obedeceremos à voz de Yahweh, o SENHOR nosso Deus, a quem te enviamos, a fim de que tudo ocorra de modo proveitoso para conosco, obedecendo à Palavra do SENHOR nosso Deus.”

6Nokuba limnandi, nokuba libi ilizwi likaNdikhoyo uThixo wethu lo sikuthuma kuye, siya kulithobela, khon' ukuze silungelwe. Ewe, inene, siya kumthobela uNdikhoyo uThixo wethu.”

7 Dez dias se passaram e a Palavra de Yahweh chegou a Jeremias em resposta à sua oração.

7Emva kweentsuku ezilishumi lavakala ilizwi likaNdikhoyo kuJeremiya.

8 Então Jeremias convidou Joanã, filho de Careá, e todos os capitães dos exércitos que havia com ele, e a todo o povo: pessoas de todas as classes sociais,

8Wabiza uYohanan unyana kaKareya kunye nabo bonke abaphathi-mabutho ababenaye, nabantu bonke, abancinci nabakhulu,

9 e lhes declarou: “Eis que assim diz Yahweh, o SENHOR, Deus de Israel, a quem me enviastes para apresentar a ele a vossa petição:

9wathi kubo: “UNdikhoyo uThixo kaSirayeli enindithume ukuze ndisigqithisele kuye isicelo senu, utsho ukuthi:

10 ‘Se ficardes nestas terras, então vos edificarei e não vos destruirei; Eu vos

10‘Ukuba nithe nahlala kulo mhlaba, ndiya kunakha ndinganidilizi; ndonityala

plantarei e não vos arrancarei, porquanto meu pesar é demasiado ao contemplar os efeitos da desgraça que fiz cair sobre vós!

ndinganincothuli, kuba ndiyazisola ngeshwangusha endinihlisele lona!

11 Agora, pois, não mais receais o rei da Babilônia, a quem vives temendo’, ordena o SENHOR, ‘pois estou convosco para vos salvar e para vos livrar das mãos dele.

11Ngoko ke musan' ukuba noloyiko ngukumkani waseBhabheli lo nimoyikayo ngoku. Musan' ukumoyika,’ lowo ngumlomo kaNdikhoyo, ‘kuba ndinani, ndiza kunihlangula, nisinde esandleni sakhe.

12 Eu vos concederei minha compaixão e farei com que ele vos permita retornar à terra que vos pertence!’

12Ndiza kusikwa yimfesane nini, naye ukumkani avelane nani, aniyeke nihlale kulo mhlaba wenu.’

13 Entretanto, se disserdes: ‘Não permaneceremos nesta terra’ e, deste modo, desobedecerdes à voz de Yahweh vosso Deus,

13“Kusenokwenzeka kambe ningamthobeli uNdikhoyo uThixo wenu, nithi: ‘Asizi kuhlala apha kweli lizwe thina.

14 e se decidirdes e proclamardes: ‘Não! De modo algum ficaremos aqui! Eis que iremos para o Egito, onde não enfrentaremos batalhas, nem ouviremos o som das trombetas de guerra nem passaremos fome e necessidades, e ali nos estabeleceremos!’

14Siza kuhamba siye kuhlala eJiputa, apho kungekho zimfazwe, kungakhali zintlaba-mkhosi, kungalanjwayo khona.’

15 Advirto-vos! Neste caso ouvi a Palavra do SENHOR, ó remanescente de Judá. Assim diz o Todo-Poderoso dos Exércitos, Deus de Israel: ‘Se estais decididos a ir para o Egito a fim de fixar residência ali,

15Ke ngoko nali ilizwi likaNdikhoyo, nina masalela akwaJuda, utsho uNdikhoyo uThixo onamandla onke kaSirayeli ukuthi: ‘Xa nizimisele ukuya eJiputa, nifike nime apho,

16 então a espada que tanto temeis vos alcançará ali mesmo e a fome de que tendes igual pavor vos perseguirá de perto, ainda que estejam nas terras férteis do Egito, e ali havereis de perecer!

16ewe, ikrele eli niloyikayo lonifikela apho, naloo ndlala niyisabayo iya kuthana mbende kunye nani naseJiputa – niya kufela apho.

17 Assim sucederá com todos os que decidirem partir e habitar no Egito: é certo que morrerão ao fio da espada, pela fome e mediante as doenças epidêmicas. Nenhum deles sobreviverá nem escapará do mal que Eu farei com que os atinja!’

17Bonke abo bazimisele ukuya kuhlala eJiputa baya kufa ngekrele, yindlala, nangubhubhani; akuyi kusala nokuba mnye usindayo kwelo shwangusha ndonihlisela lona.’

[18] Assim, portanto, diz Yahweh, o Eterno dos Exércitos, Deus de Israel: 'Como o meu furor foi despejado sobre os habitantes de Jerusalém, de igual modo a minha ira será derramada sobre vós, assim que entrardes no Egito para lá morar. Sereis objeto de maldição, horror, desprezo e ofensa, e jamais tornarão a ver este lugar!'

[18]Utsho uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: 'Nanjengoko umsindo wam nengqumbo yam zathululwa phezu kwabemi baseJerusalem, yokwenjenjalo nani ukunifikela ingqumbo yam xa nixhinele ukuya eJiputa. Noba zizinto ezisisiqalekiso nezikhwankqisayo, izinto ezisisigculelo nesingcikivo. Anisobe nibuye niyibone le ndawo kwakhona.'

[19] Ó remanescente de Judá, eis que Yahweh vos ordenou: 'Não entreis no Egito para lá estabelecer vossa morada!' Estai, portanto, todos avisados e conscientes

[19]"Uthi ke ngoko kuni uNdikhoyo, nina masalela akwaJuda: 'Musani ukuya eJiputa.' Ke ngoko yiqondeni kakuhle le ndawo; ndiyaniyala namhlanje.

[20] que iludistes a vós mesmos, pois me enviastes ao SENHOR, vosso Deus, rogando: 'Consultai por nós a Yahweh nosso Deus e revela-nos tudo conforme o que o SENHOR nosso Deus te ordenar, e assim o faremos!'

[20]Nizikhohlisile nabubeka ubomi benu esichengeni ngokuya benisithi: 'Sithandazele kuNdikhoyo uThixo wethu, usixelele konke athi masikwenze, kuba sokwenza.'

[21] Sendo assim, hoje eu vos transmiti com toda a clareza a vontade do Eterno, contudo, não destes ouvidos em nada à voz do SENHOR, vosso Deus, pela qual ele mesmo me enviou a vós.

[21]Ndinixelele konke ke namhla, kodwa nina animthobeli uNdikhoyo uThixo wenu kwizinto athe maze ndinixelele zona.

[22] Agora, pois, sabei por certo que morrereis ao fio da espada, pela fome e por meio da peste, exatamente no lugar em que escolhestes para residir!"

[22]Ngoko ke yazini ngokuphandle le nto: niza kufa ngekrele, nayindlala, nangubhubhani, kanye kuloo ndawo nizimisele ukuphambukela kuyo."

Jeremias 43

Jeremias é levado ao Egito pelo povo

[1] Assim que Jeremias terminou de comunicar ao povo tudo o que Yahweh, o SENHOR seu Deus, lhe mandara falar,

[2] Azarias, filho de Hosaías, e Joanã, filho de Careá, e todos as pessoas arrogantes entre o povo acusaram Jeremias, exclamando: "Estás mentindo! O Eterno, nosso Deus, não

UJeremiya 43

UJeremiya usiwa eJiputa

[1]Akugqiba uJeremiya ukuwathetha ebantwini bonke amazwi onke kaNdikhoyo uThixo wabo awamthuma wona uNdikhoyo kubo,

[2]uAzariya unyana kaHoshaya ekunye noYohanan kaKareya, kunye nawo onke amanye amadoda anekratshi, bathi kuJeremiya: "Uyaxoka! UNdikhoyo uThixo

te mandou dizer: 'Não entreis nas terras do Egito para ali fazer morada!'

[3] Ora, é Baruh ben Neriá, Baruque filho de Nerias, que o está instigando contra nós para que sejamos entregues nas mãos dos caldeus babilônios, a fim de que nos exterminem ou nos levem cativos para a Babilônia.

[4] Sendo assim, Joanã, filho de Careá, todos os comandantes do exército e toda a população desobedeceram flagrantemente a ordem de Yahweh de que permanecessem na terra de Judá.

[5] E Joanã, filho de Careá, e todos os chefes das forças militares levaram todo o remanescente do povo de Judá, que havia retornado dentre todas as nações para onde haviam sido dispersos, com o objetivo de estabelecer moradia nas terras de Judá:

[6] os homens, as mulheres, as crianças, as filhas do rei e todas as pessoas que Nebuzaradã, comandante da guarda imperial, havia deixado com Gedalias, filho de Aicam, neto de Safã; além de forçar a ida do profeta Jeremias e de Baruque, filho de Nerias.

[7] Eles partiram para o Egito, desobedecendo ao SENHOR, e chegaram à cidade de Tafnes.

Profecia da conquista do Egito por Nabucodonosor

[8] Em Tafnes, Yahweh dirigiu sua Palavra a Jeremias, ordenando:

[9] "Agora, pois, pega algumas pedras grandes e, à vista dos homens de Judá, enterre-as no barro do pavimento à entrada do palácio do Faraó, em Tafnes.

wethu akazange akuthume kuthi ukuba uthi: 'Ze ningayi kuya kuhlala eJiputa.'

[3]NguBharuki unyana kaNeriya lo ukuhlohle lo moya mbi, efuna ukuba sinikezelwe esandleni samaKaledi, aze asibulale, okanye asenze abathinjwa kwelaseBhabheli."

[4]Ke ngoko uYohanan unyana kaKareya, ekunye nabaphathi-mabutho kunye nabantu bonke bala ukumthobela uNdikhoyo ngokuthi bahlale kwelakwaJuda.

[5]Suka yena uYohanan enabaphathi-mabutho waqokelela onke amasalela akwaJuda, bonke abo babebuyele kwaJuda bevela kumazwe ababethe saa kuwo,

[6]ingamadoda nabafazi nabantwana kwakunye neentombi zokumkani, bonke abaya bantu babeshiywe nguNebhuzaradan umphathi wabalindi bakomkhulu elugcinweni lukaGedaliya unyana ka-Ahikam umzukulwana kaShafan. Wayelapho nomshumayeli uJeremiya, ekunye noBharuki unyana kaNeriya.

[7]Bonke baya kuma eJiputa, besala ukumthobela uNdikhoyo, baya kutsho eTapanesi.

UJeremiya ushumayeza amasalela akwaJuda eJiputa

[8]Lavakala kuJeremiya ilizwi likaNdikhoyo eseTapanesi, lisithi:

[9]"Thatha amatye amakhulu, uwombele, uwadibanise ngodaka emgangathweni wezitena osesangweni lakomkhulu

[10] Logo em seguida, dize-lhes: Assim diz o Eterno dos Exércitos, Deus de Israel: 'Eis que mandarei chamar meu serviçal Nabucodonosor, rei da Babilônia, e ele colocará o seu trono sobre essas pedras que enterrei, e estenderá o seu tapete real sobre elas!

[11] Portanto, ele marchará e atacará o Egito, trará o extermínio aos destinados à morte, a prisão aos destinados ao cativeiro, e a espada aos destinados a morrer em meio à guerra.

[12] Ele incendiará os templos dos deuses do Egito; queimará seus altares e locais de culto e levará embora cativos seus ídolos e divindades. Como um pastor tira os piolhos do seu manto, assim ele limpará o Egito e sairá dali tranquilo e satisfeito.

[13] Ele arrebentará as colunas do templo do sol, em Heliópolis, no Egito, e incendiará os templos de todas as demais divindades cultuadas no Egito!"

Jeremias 44

Ameaças contra os judeus que fugiram para o Egito

[1] Esta, pois, é a Palavra de Yahweh, que foi dirigida a Jeremias, para todos os judeus que estavam no Egito e habitavam em Migdol, Tafnes, Mênfis, e na região de Patros:

[2] "Assim diz o Todo-Poderoso dos Exércitos, Deus de Israel: Contemplastes todo o mal que fiz cair sobre Jerusalém e sobre todas as

eTapanesi. Oku kufuneka ukwenze emehlweni amaJuda.

[10]Uze ke uthi kuwo: 'Utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: Ndiza kubiza isicaka sam ukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, aze afike asimise isihlalo sakhe phezu kwalo mgangatho wamatye uwombeleyo, awagqume ngesigqubuthelo sakhe sobukumkani.

[11]Uza kuyibetha iJiputa, abulale abo bamelwe kukufa, athimbe abo bafanelwe kukuthinjwa, abatyakatye ngekrele abo bamelwe kukufa ngekrele.

[12]Izindlu zoothixo bamaJiputa uza kuzintumeka ngomlilo, atshise izindlu zoothixo balapho, amaJiputa awase ekuthinjweni. Wowuphendla umhlaba waseJiputa, aphume apho exolile, njengomalusi ephendla iintwala engubeni yakhe.

[13]Uya kuzintlekeza iintsika zaseBhete-shemeshe eJiputa, azitshise ngomlilo izindlu zoothixo baseJiputa.' "

UJeremiya 44

Ilizwi likaNdikhoyo kumaJuda emi eJiputa

[1]Lavakala ilizwi kuJeremiya, libhekiswa kuwo amaJuda akwelaseJiputa emi kwimimandla yaseMigidoli, eTapanesi, eNofu, nasezweni lasePatrosi, lisithi:

[2]"Utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: 'Niyibonile intlekele endayihlisela iJerusalem kunye

cidades de Judá; e eis que hoje são elas uma desolação, e ninguém mais deseja habitar nelas,

3 por causa da malignidade que fizeram, para me provocar a ira, indo prestar culto, queimar incenso e servir a outros deuses que eles nunca conheceram; eles, vós e vossos pais.

4 Entretanto, Eu vos enviei insistentemente todos os meus servos, os profetas, para vos prevenir que não cometêsseis essas abominações nem praticásseis o que é odioso!

5 Mas eles não deram atenção à minha Palavra, nem escutaram a minha voz para se converter da sua maldade e parar de queimar incenso e prestar culto a deuses estranhos.

6 Por este motivo a minha indignação e a minha ira se derramaram e se inflamaram contra as cidades de Judá e na ruas de Jerusalém, que se tornaram em escombros e desolação, como se pode observar claramente nestes dias.

7 Agora, pois, assim diz Yahweh, o Todo-Poderoso dos Exércitos, Deus de Israel: "Por que cometeis tanta malignidade contra vós mesmos, expulsando de Judá o homem e a mulher, a criança e o recém-nascido, sem deixar ali nenhum remanescente?

8 O que os leva a querer me irritar deste modo, mediante vossas más atitudes, queimando incenso em homenagem a outros deuses na terra do Egito, onde viestes morar, a fim de que sejais exterminados e vos torneis objeto de maldição, zombarias e ofensas entre todas as nações da terra?

needolophu zakwaJuda ziphela. Kunamhlanje-nje zingamabhodlo angahlalwa bani.

3Yonke loo nto yehla ngenxa yenkohlakalo abayenzileyo. Bandixhokonxa ndade ndanomsindo ngokunqula thixo bambi abangabaziyo, bebenzela iziqhumiso. Nini ke kunye nooyihlo abo benjenjalo.

4Ndaphindelela ukunithumela bonke abakhonzi bam abashumayeli, ukuze banibongoze bathi: "Musani ukulenza isikizi endilicekisa kakhulu!"

5Koko abazange bahoye, àbafuna kuphulaphula. Bala ukwahlukana nemikhwa yabo emibi nokuyeka ukwenzela izithixo iziqhumiso.

6Suka ke mna ndayiphalaza ingqumbo yam nomsindo wam phezu kweedolophu zakwaJuda nasezitalatweni zaseJerusalem, zaba ngalaa mabhodlo oyikekayo zingawo namhla oku.'

7"Utsho ke ngoko uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: 'Kutheni nizizisele esi sihelegu kwaJuda sokutshabalalisa amadoda, abafazi, nabantwana, neemveku, kungasali nampunde?

8Nantso into eza kunihlela nindixhokonxa nje ngokwenzela izithixo iziqhumiso kweli laseJiputa eningabangeneleli kulo. Niza kuzitshabalalisa nina ziqu, nibe sisiqalekiso nesigculelo sezizwe ehlabathini.

[9] Já estais esquecidos das crueldades cometidas por vossos antepassados, das maldades dos reis de Judá e de suas mulheres, das vossas próprias iniquidades e da cumplicidade idólatra de vossas esposas, cometidas na terra de Judá e nas ruas de Jerusalém?

[9]Ngaba seniyilibele na inkohlakalo yooyihlo, neyookumkani bakwaJuda, nabafazi babo, neyenu kunye nabafazi benu, enayenzayo ngokuya nanisezidolophini zakwaJuda naseJerusalem?

[10] Vossos compatriotas, até hoje, não se humilharam nem demonstraram reverência, e não têm seguido a minha Torá, Lei, e os decretos que institui diante de vós e de vossos pais!”

[10]Unanamhla oku anikabonakalisi kuzisola nokundihlonela. Anikawuthobeli umthetho nommiselo endawunika nina kunye nooyihlo-mkhulu.’

[11] Por isso, assim determina o SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel: “Eis que estou decidido a trazer desgraça sobre vós e a exterminar todo o Judá!

[11]“Utsho ke ngoko uNdikhoyo, uThixo onamandla onke kaSirayeli, ukuthi: ‘Niyabona, ndizimisele ukunihlisela ishwangusha, ndiwatshabalalise onke amaJuda.

[12] Tomarei o remanescente de Judá que escolheu partir para habitar no Egito, e todos perecerão no próprio Egito. Sucumbirão ao fio da espada ou pela fome; desde o mais pobre ao mais rico, morrerão em meio à guerra ou por falta de alimento. Eles se tornarão objeto de maldição e de horror; de desprezo, escárnio e afronta.

[12]Ndiza kuwasusa la masalela akwaJuda azimisele ukuphambukela eJiputa. Aza kutshabalala apho kuloo Jiputa. Amanye aza kufa ngekrele, amanye yindlala, nditsho omncinci nomkhulu ngokufanayo. Aza kuba sisiqalekiso, nesothuso, nezigculelo, nesingcikivo.

[13] Castigarei aqueles que se estabeleceram no Egito com a guerra, a fome e a doença epidêmica, como castiguei Jerusalém.

[13]AmaJuda aseJiputa ndiza kuwohlwaya ngesohlwayo esifana nesabaseJerusalem: indlala, ikrele, nobhubhani.

[14] Ninguém dentre o remanescente de Judá que foi morar no Egito escapará ou sobreviverá para retornar à terra de Judá, para a qual anseiam voltar e nela aspiram viver em paz; nenhum retornará, exceto uns poucos fugitivos!”

[14]Akuyi kubakho usindayo noya kusala kula masalela akwaJuda aphambukele kwelaseJiputa enethemba lokuba obuyela kwelakwaJuda esaphila. Inene, akukho uya kubuya konke, ngaphandle kwembinana eya kuphuncula.’ ”

Idini loKumkanikazi weZulu

[15] Então, todos os homens que sabiam que suas esposas queimavam incenso em atitude

[15]Emva koko onke amadoda awayesazi ukuba abafazi bawo benzela izithixo

de culto a outros deuses, e todas as mulheres que estavam presentes, em grande número, e todo o povo que habitava no Egito, e na região de Patros, responderam a Jeremias:

iziqhumiso nehlokondiba labafazi elalilapho nababehlala eJiputa nasePatrosi bathi kuJeremiya:

16 “Nós não daremos atenção à mensagem que nos pregaste em nome de Yahweh!

16“Asiyi kuwuphulaphula lo myalelo wakho owuthethe egameni likaNdikhoyo.

17 Pelo contrário, com certeza faremos tudo o que desejamos fazer: queimaremos incenso à Rainha do Céu e ofereceremos libações, ou seja, derramaremos ofertas de bebidas em homenagem a ela, tal como fazíamos, nós e nossos líderes, nas cidades de Judá e nas ruas de Jerusalém. Naqueles tempos vivíamos com fartura de alimento, éramos prósperos e nada sofríamos.

17Thina siza kuthi rhoqo ukuzalisa amadinga ethu, senzele uKumkanikazi weZulu iziqhumiso, simphe neminikelo ethululwayo njengoko sasikade sisenza thina nookhokho bethu nookumkani neziphathamandla zethu sisahlala kwiidolophu zakwaJuda naseJerusalem. Ngoko sasidla ngokuba nokutya kakhulu, sisanela, kungazange kwabakho shwangusha lakha lasithi cha.

18 No entanto, desde que paramos de queimar incenso à Rainha do Céu e de oferecer libações a ela, nada temos recebido e muitos de nós morrem todos os dias nas batalhas ou por falta de comida!”

18Kodwa oko sathi sahlukana nokwenzela uKumkanikazi weZulu iziqhumiso, sayeka nokumpha iziselo, sathiwa nca yindlala, sada sagqibela ngokufa ngekrele naliphango.”

19 E as mulheres apoiaram seus maridos, exclamando: “Quando queimávamos incenso em culto à Rainha do Céu e derramávamos ofertas de bebidas em seu nome, será que era sem o consentimento de nossos maridos que fazíamos bolos na forma da imagem dela e lhe oferecíamos nossas libações?”

19Baqokela bathi abafazi: “Ngokuya sasidla ngokwenza amaqebengwana anomfanekiso woKumkanikazi weZulu, uba amadoda ethu ayengayazi loo nto? Ayesazi naxa simenzela iminikelo ethululwayo.”

20 Então Jeremias respondeu a todo o povo, tanto aos homens como às mulheres que lhe estavam questionando:

20Wenjenje uJeremiya akuphendulwa ngolu hlobo ngamadoda nabafazi nangabantu bonke:

21 “E quanto a Yahweh? Será que o SENHOR não se recordou e não lhe ocorreu à mente o incenso que queimastes nas cidades de Judá e nas ruas de Jerusalém, vós e vossos

21“Xa ooyihlo-mkhulu nookumkani neziphathamandla zenu, kunye nomndilili wabantu, babethe rhoqo ukwenza iziqhumiso ezidolophini zakwaJuda naseJerusalem, akazange na uNdikhoyo

antepassados, vossos reis e vossos príncipes, como também o povo da terra?

[22] O SENHOR não podia suportar por mais tempo a malignidade das vossas atitudes, as abominações que cometestes. Por essa razão, a vossa terra ficou desolada, arruinada, completamente destruída, amaldiçoada e deserta, como facilmente se pode observar em nossos dias.

[23] Ora, porquanto queimastes incenso e pecastes contra Yahweh, não obedecendo à voz do SENHOR nem caminhando segundo a sua Torá, Lei, nos seus estatutos e nos seus testemunhos; por esse motivo vos sobreveio esta calamidade, como se pode perceber neste dia."

[24] Disse mais o profeta Jeremias a todo o povo e a todas as mulheres: "Ouvi a Palavra de Yahweh, todo o Judá, que estais na terra do Egito!

[25] Assim fala o SENHOR dos Exércitos, Deus de Israel: 'Vós e vossas esposas prometestes e mediante vossas atitudes cumpriram vossos votos quando afirmaram: "Em verdade cumpriremos os votos que fizemos de queimar incenso e oferecer libações, que é o derramar de bebidas, em homenagem à Rainha dos Céus!" Ora, prossegui em vosso intento! Confirmai e cumpri os vossos votos!

[26] Contudo, prestai atenção à Palavra do SENHOR, todos vós judeus que habitais nas terras do Egito: 'Eu juro pelo meu grande Nome', afirma Yahweh, 'que em todo o Egito ninguém de Judá voltará a invocar o meu Nome ou a jurar pela vida do Soberano, o Eterno.

ayikhumbule loo nto, ayigcine entliziyweni yakhe?

[22]UNdikhoyo akabanga nako tu ukukunyamezela ukungcola kwezenzo zenu kunye namasikizi eniwenzileyo. Andithi kanene ilizwe lenu laba ngumqwebedu nento eyoyikekayo esisiqalekiso kangangokuba kungahlali bani kulo unanamhla oku?

[23]Nahlelwa leli shwangusha likhoyo namhlanje ngenxa yokuba nenzela izithixo iziqhumiso, namona uNdikhoyo ngokungamthobeli nokungahambi ngokwemithetho nemimiselo nemigaqo yakhe."

[24]Uqokele wathi uJeremiya kubo bonke abantu nâbo bafazi: "Nina maJuda ahlala eJiputa, nali ilizwi likaNdikhoyo.

[25]Utsho kuni uNdikhoyo uThixo onamandla onke kaSirayeli ukuthi: 'Nina nabafazi benu nithetha into niyenze. Nithi niza kuthi rhoqo nizalise amadinga enu, nenzele uKumkanikazi weZulu iziqhumiso neminikelo ethululwayo. Qhubani ke niwafezekise loo madinga enu!

[26]Kodwa ke, nonke nina bantu bakwaJuda abemi apha eJiputa, wuveni umlomo kaNdikhoyo; uthi: Niyabona, ndifunga igama lam elidumileyo, ndithi: Inene, aliyi kuba sabizwa igama lam nangubani na wakwaJuda naphi na apha kwelaseJiputa, esithi: "Ikho nje iNkosi uNdikhoyo!"

[27] Vigiarei sobre eles para trazer-lhes o mal e a ruína e não o bem, nem a edificação; os judeus do Egito morrerão em meio às guerras, e pela fome até que sejam todos destruídos.

[28] Os que escaparem e sobreviverem das batalhas voltarão das terras do Egito para a de Judá e serão apenas um punhado de gente. Assim, todo o restante de Judá que foi habitar na terra do Egito saberá qual palavra se demonstra verdadeira, a que anuncio ou a propalada por eles!

[29] Este, pois, será o grande sinal de que vos castigarei neste mesmo lugar!', assegura Yahweh, 'e então sabereis que as minhas advertências quanto a trazer-lhes a desgraça, certamente se cumprirão!'

[30] Assim, pois, afirma o SENHOR: 'Eis que entregarei o Faraó Hofra, rei do Egito, nas mãos dos seus inimigos que desejam tirar-lhe a vida, assim como entreguei Zedequias, rei de Judá, nas mãos de Nabucodonosor, rei da Babilônia, o inimigo que planejava matá-lo!'"

[27]Niyabona, ndithe qwa, ndizimisele ukunizisela ububi, hayi ubuhle. Yaye onke amadoda akwaJuda alapha eJiputa aza kufa ngekrele nayindlala, ade atshabalale onke.

[28]Ewe, baya kuba mbalwa abasindayo bangafi ngekrele eJiputa, baze babuyele ezweni lakwaJuda. Baya kwandula ke ukuqonda abantu abaseleyo kwabo babeze kuma apha eJiputa ukuba ngaba lelikabani na ilizwi elingayi kuwa phantsi, lelam nokuba lelabo.'

[29]"Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: 'Umqondiso endininika wona nguwo lo: Ndiza kunohlwaya apha kule ndawo, ukuze niqonde ukuba aza kwenzeka amazwi endiwathethileyo kuni ndisithi ndonizisela ububi.'

[30]Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Ukumkani uHofra waseJiputa ndiza kumnikela esandleni seentshaba zakhe ezizungula ubomi bakhe, kanye njengoko ndenjenjalo kuZedekiya ukumkani wakwaJuda, xa ndamnikela esandleni sikakumkani uNebhukadenezare waseBhabheli, utshaba olwaluzungula ubomi bakhe.' "

Jeremias 45

A palavra de Jeremias a Baruque

[1] No quarto ano do governo do rei Jeoaquim, filho de Josias, rei de Judá, depois que Baruque, filho de Nerias, escreveu num sêfer, livro em formato de rolo, as palavras ditadas pelo profeta Jeremias, este lhe declarou:

[2] "Assim diz Yahweh, o SENHOR, o Deus de Israel, acerca de ti, ó Baruque:

UJeremiya 45

Ilizwi likaNdikhoyo kuBharuki

[1]La ngamazwi omshumayeli uJeremiya awawabhekisa kuBharuki unyana kaNeriya ngonyaka wesine ukumkani uJoyakim unyana kaYosiya elawula kwaJuda, xa uJeremiya wayewabizela uBharuki amazwi akhe, yena ewabhala encwadini. Athi:

[2]"Utsho uNdikhoyo uThixo kaSirayeli ngokubhekisele kuwe Bharuki, ukuthi:

[3] 'Disseste: "Ai de mim! O Eterno adicionou tristeza ao meu sofrimento! Estou extenuado de tanto gemer, e não encontro descanso!"'

[4] "Contudo, eis que Yahweh ordena-me dizer-lhe: 'Assim declara o SENHOR: Estou a ponto de destruir o que Eu mesmo edifiquei e de arrancar o que plantei, e isso em toda a terra!

[5] E ainda assim buscas para ti mesmo um tratamento especial? Ora, não espereis isto, porquanto trarei calamidade sobre toda a humanidade!', assegura Yahweh. 'todavia, Eu permitirei que escapes com vida onde quer que decidas habitar'".

Jeremias 46

Profecia contra várias nações. A invasão e conquista do Egito

[1] Esta, pois, é a mensagem de Yahweh que veio ao profeta Jeremias a respeito das nações:

[2] Acerca do Egito: Esta é a profecia contra o exército do rei do Egito, o faraó Neco, que foi derrotado em Carquemis, próximo ao rio Eufrates, por Nabucodonosor, rei da Babilônia, no quarto ano do reinado de Jeoaquim, filho de Josias, rei de Judá:

[3] "Preparai os escudos, tanto os grandes como os pequenos e marchai em direção ao campo de batalha!

[4] Cavaleiros, aparelhai vossas cavalgaduras e montai! Colocai os capacetes; daí lustro nas lanças; vesti-vos de couraças.

[3]Wena wakhala usithi: 'Hayi umntu endinguye! UNdikhoyo usuke wongezelela isingqala kwintlungu yam. Ndiqobekile zizincwino; andifumani kuphumla.'

[4]"Utsho ke uNdikhoyo kuwe, Bharuki, ukuthi: 'Oko ndikwakhileyo ndobuya ndikudilize, ndibuye ndikuncothule noko ndikutyalileyo. Kuya kuba njalo ke emhlabeni wonke.

[5]Wena uzifunela izinto ezinkulu; ziyeke, ungabi sazifuna, kuba mna ndiza kubahlisela ishwangusha bonke abantu.' Lowo ngumlomo kaNdikhoyo, yena othi: 'Nokuba kwenzeka ntoni apho uya khona, akuyi kulahlekelwa bubomi bakho.' "

UJeremiya 46

Udaba malunga neJiputa

[1]Nanga amazwi kaNdikhoyo awawabhekisa kwiintlanga ngomshumayeli uJeremiya.

[2]Udaba oluya eJiputa luphathelele kumkhosi kakumkani uNeko waseJiputa owemisa eKarkemishe ngakumlambo iEfrati, wona waswantsuliswa ngukumkani uNebhukadenezare waseBhabheli ngonyaka wesine ukumkani uJoyakim unyana kaYosiya elawula kwaJuda:

[3]"Bophani amakhaka amancini namakhulu, nisinge edabini.

[4]Bophani amahashe, nitsho phezulu. Yimani xhonkxosholo, nithwele izigcina-ntloko. Zikhazimliseni iintshuntshe, nifake isinxibo sentsimbi.

[5] Entretanto, o que observo? Homens apavorados e batendo em retirada? Eis que seus guerreiros estão abatidos! Fogem às pressas, sem olhar para trás; há terror e desespero por todos os lados!", afirma o SENHOR.

[5]Nibona ntoni ngoku? Bayankwantya; nâbo behlehla. Ayaswantsuliswa amagorha abo; acela kwabasicatyana; akabheki nangasemva. Lunxunguphalo macala onke, utsho uNdikhoyo.

[6] "Nem mesmo o mais ligeiro é capaz de fugir, tampouco o herói consegue escapar. No Norte, junto ao rio Eufrates, eles tropeçaram e caíram.

[6]Nonamendu akanakuphuncula; negorha alinakusinda. Bafadalele phaya emantla; bawile ngakumlambokazi iEfrati.

[7] Quem é este que vem subindo como o Nilo, como rios cujas águas se agitam?

[7]Ngubani lo uvumbuluka ngathi yiNayile, ngathi ngamanzi emilambo adlokovayo?

[8] O Egito é que se levanta como o Nilo, como os rios de águas fortes e rebeldes; e Ele declara: 'Eis que eu subirei e cobrirei a terra; destruirei as cidades e os seus habitantes!'

[8]Tyhini, yiJiputa le ivumbulukayo ngathi yiNayile! Yiyo engathi ngamanzi emilambo adlokovayo. Ithi: 'Ndiya kuvumbuluka, ndiwuthi gqume umhlaba, ndikhukhulise izixeko nabemi bazo.'

[9] Atacai, ó cavalos; avançai, ó carruagens de guerra; e saí, valentes que manejam bem o escudo. Homens valorosos de Cuxe, Etiópia e Fute, Líbia, e os guerreiros de Lídia, que empunham o arco!

[9]Iwuu, maqela amahashe! Phuthumani, madod' akhwel' iinqwelo; phambili, magorhandini! Nditsho nina, maKushe namaPuti, nina baphethe amakhaka; nani, maLudi, nina bafohlele iintolo!

[10] Mas aquele Dia pertence ao Eterno, ao Todo-Poderoso dos Exércitos! Será um dia de vingança, para vingar-se dos seus inimigos. A espada devorará desenfreadamente, até saciar-se, até embriagar-se com o sangue de todos os seus oponentes. Porquanto o Soberano, Yahweh dos Exércitos, fará um banquete na terra do Norte, junto ao rio Eufrates.

[10]Lo ngumhla kaNdikhoyo, uThixo onamandla onke. Ngumhla wokuziphindezela kwiintshaba zakhe lo. Liza kudla lihluthe ikrele, lisele lide lidikwe ligazi. Ewe kaloku, iNkosi uNdikhoyo onamandla onke wenzelwa idini kwelasentla ngakumlambo iEfrati.

[11] Sobe a Gileade à procura de bálsamo, ó virgem filha do Egito; em vão multiplicas remédios; eis que não há cura para ti!

[11]"Ntombindini iyiJiputa, yiya eGiliyadi, uye kufuna khona amayeza okubopha. Kudala uwafuna amachiza; alikho eliya kuwanyanga loo manxeba unawo.

[12] As nações receberam notícias sobre a tua vergonhosa derrota, e a terra está repleta do

[12]Ihlazo lakho livakele ezizweni; ukukhala kwakho kuligqibile ihlabathi. Igorha

teu lamento e clamor; porque um guerreiro tropeçou em outro valente e ambos caíram no chão!"

[13] Esta é a palavra que o SENHOR comunicou ao profeta Jeremias sobre a vinda de Nabucodonosor, rei da Babilônia, com o objetivo de atacar o Egito:

[14] "Anunciai isto no Egito, proclamai-o em Migdol; de igual modo aclamai em Mênfis e em Tafnes; bradai: 'Apresenta-te e prepara-te, porquanto a espada consumirá todos quantos te cercam!'

[15] Ora, por que motivo o deus Ápis, Touro, e seus guerreiros fugiram ou estão estirados no chão? Eis que o touro poderoso jaz no solo, porque Yahweh o derrubou!

[16] Fez tropeçar a multidão; caíram uns sobre os outros e gritaram: 'Levantai-vos, e voltemos todos para o nosso povo, para a terra do nosso nascimento, por causa da violenta espada que nos oprime e destrói!

[17] o faraó, rei do Egito, é alarde e nada mais! Eis que ele deixou passar a sua oportunidade!'

[18] "Juro pela minha vida", afirma o Rei, cujo Nome é Yahweh dos Exércitos, "certamente ele virá como o Tabor, um dos mais altos montes, ou como o Carmelo próximo ao mar.

[19] Prepara-te, portanto, a fim de ires para o cativeiro, ó habitante do Egito; porque Mênfis será arruinada e incendiada, até que nenhuma pessoa consiga habitar ali.

[20] O Egito é uma bela novilha, mas do Norte vespas vêm contra ela.

likhubeka kwelinye; omabini awa ndawonye."

[13]Nali ilizwi likaNdikhoyo awalithetha kumshumayeli uJeremiya malunga nokuhlaselwa kweJiputa nguNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli:

[14]"Bikelani iJiputa, nivakalise eMigidoli, nixele eNofu naseTapanesi. Yithini: 'Lungela imfazwe uxhobe, kuba ikrele liza kudla kuwe macala onke.'

[15]Yini na ukuba amakhalipha akho akhahlelwe phantsi? Akanakuma, kuba uNdikhoyo uwathe ntlithi, aya kuwa.

[16]Kukhubeka abaninzi; ewe, omnye uwa phezu komnye, baze bathi: 'Masiphakame, siye kowethu kwelokuzalwa, simke kwikrele eligwazayo.'

[17]Apho baya kuvakala besithi: 'Ukumkani waseJiputa uyarharhama nje; uliphosile ithuba lakhe.'

[18]"Ndikho nje ndiyafunga," nguwo lowo umlomo kaKumkani ogama linguNdikhoyo onamandla onke. Uthi: "Ukho ozayo, enjengeTabhore phakathi kweentaba, enjengeKarmele engaselwandle.

[19]Yilungiseleleni ukuya ekuthinjweni imithwalo yenu, nina bemi baseJiputa, kuba kaloku iNofu iza kudilizwa, ibe ngamabhodlo angahlalwa bani.

[20]"IJiputa lithokazi elihle kakhulu; kodwa isibawu esivela ngasentla inene siyeza!

21 Até mercenários em seu meio são como bezerros de engorda; mas também eles viraram as costas, bateram em retirada todos juntos, não puderam resistir; porque se abateu sobre eles o Dia da sua ruína e o tempo do seu castigo.

21Amajoni angabaqeshwa aseJiputa afana neenkunzana ezityebileyo, suka nawo ajika abaleka, akwema nalinye. Afikelwe yimini yentlekele, ixesha lokohlwaywa kwawo.

22 Eis que o Egito fará um ruído semelhante ao da serpente em fuga à medida que o inimigo avança com grande poder e violência. Um exército se precipitará sobre ele; guerreiros armados com machados, como homens que derrubam árvores.

22IJiputa ifutha oku kwenyoka erhubuluzayo, kuba utshaba olunamandla alufikanga lugalelekile! Luya kunifikela ngamazembe okwamadoda agawula imithi.

23 Eles colocarão abaixo toda a sua floresta", assegura Yahweh, "por mais densa e resistente que seja! São mais que os gafanhotos; são incontáveis!

23Luya kuligeca liphele elo hlathi lakho lishinyeneyo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Akamaninzi – yinyambalala engenakubalwa oku kweenkumbi.

24 A filha do Egito, isto é, a cidade, será absolutamente humilhada e entregue será nas nãos do povo do Norte!"

24Intombi enguJiputa ihlazekile; inikelwe esandleni sesizwe esivela ngasentla."

25 O Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos, o Deus de Israel, afirma: "Castigarei Amom, deus de No, Tebas, o faraó, o Egito, todas as suas divindades e reis, e também os que depositam sua confiança no faraó.

25UNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, uthethile wathi: "Ndiza kumohlwaya uthixo waseNo uAmoni, kunye namaJiputa noothixo bawo, namatshawe, nokumkani waseJiputa, nabo bonke abathembele kuye.

26 Eu os entregarei nas garras daqueles que aspiram tirar-lhes a vida; isto é, nas mãos de Nabucodonosor, rei da Babilônia, e de seus oficiais. No entanto, mais tarde, o Egito tornará a ser habitado como em épocas passadas", afirma o SENHOR.

26Ndiza kubanikezela esandleni salowo uzungula ubomi babo, uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli namaphakathi akhe. Phofu eli lizwe laseJiputa lobuya limiwe njengakwimihla yamandulo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

USirayeli uza kusindiswa

27 Mas tu, não temas, ó meu servo Jacó! Tampouco te apavores, ó Israel; pois Eu mesmo salvarei e livrarei a ti, ainda que de um lugar muito distante, bem como a tua descendência, da terra do cativeiro; então

27"Uze ungoyiki, wena sicaka sam Yakobi; ungaxhalabi, wena Sirayeli. Uyabona, ndiya kukuhlangula, ndikuphuthume kuloo ndawo ikude apho ungumthinjwa khona,

Jacó retornará e viverá em paz e segurança, e ninguém o perturbará.

[28] Sendo assim, não temas, meu servo Jacó! Eis que estou contigo!" declara Yahweh. "Devastarei por completo todas as nações entre as quais Eu mesmo te dispersei; contudo, a ti não destruirei totalmente. Eu te punirei como mereces, mas não serei severo demais contigo!"

wena nenzala yakho, abuye uYakobi azole, onwabe, angoyikiswa mntu.

[28]Uze ungoyiki, wena sicaka sam Yakobi." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Kaloku mna ndinawe. Ndiza kuziphanzisa zonke iintlanga endikuchitha-chithele kuzo, kodwa andiyi kukuphanzisa wena. Nawe phofu uya kohlwaywa; ndiza kukuqeqesha, phofu ndingabi ngqongqo kuwe."

Jeremias 47

Profecia contra os filisteus

[1] Esta, pois é a mensagem de Yahweh que veio ao profeta Jeremias, acerca dos filisteus, antes que o Faraó investisse contra a cidade de Gaza:

[2] Assim diz o SENHOR: "Eis que do Norte se elevam as águas, que se transformarão em torrente transbordante. Inundarão esta terra e tudo o que nela existe; as cidades e os seus habitantes. O povo clamará, gritarão todos os moradores desta terra,

[3] ao ouvirem o forte ruído dos cascos dos seus cavalos galopando, ao barulho das suas carruagens de guerra e ao estampido de suas rodas. Os pais não se voltarão para acudir os filhos, por causa da fraqueza das mãos.

[4] Porquanto chegou o dia de destruir todos os filisteus e de exterminar todos os sobreviventes que poderiam prestar alguma ajuda a Tiro e Sidom. Assim, Yahweh destruirá os filisteus, o remanescente da ilha de Caftor, Creta.

[5] Os moradores de Gaza raparam a cabeça; Ascalom está em silêncio mortal. Ó remanescente da planície, até quando retalharás o próprio corpo?

UJeremiya 47

Udaba malunga neFilistiya

[1]Nali ilizwi likaNdikhoyo elavakala kumshumayeli uJeremiya mayela neFilistiya ngaphambi kokuba ukumkani waseJiputa ahlasele iGaza;

[2]lithi utsho uNdikhoyo ukuthi: "Khangela ukuvumbuluka kwamanzi ngasentla atsho abe ngumdolomba oya kugubungela umhlaba nako konke okukuwo, izixeko nabemi bazo. Abantu baya kukhala, batsho ngesijwili bonke abemi balapha.

[3]Ngenxa yesingqi sokuphala kweembalasane zamahashe, nokugoqoza kweenqwelo, nokuxokozela kwamavili, ooyise babashiye enyanyeni abantwana, kuba izandla zabo ziwile.

[4]Kaloku ufikile umhla wokutshatyalaliswa kwawo onke amaFilistiya, nokuphanziswa kwawo onke amasalela anokunceda iTire neSidon. Kaloku uNdikhoyo uza kuyitshabalalisa iFilistiya elisalela lababevela kwisiqithi saseKafetori.

[5]IGaza iza kucheba izile, iAshkelon yona ikhwankqiswe. Masalelandini asemathafeni, koda kube nini na nizicenta nimbambazela?

[6] 'Ah, espada de Yahweh, quando acalmarás? Quando repousarás? Retorna, pois, à tua bainha, descansa e aquieta-te!'
[7] Mas como poderá ela se tranquilizar quando o próprio Yahweh lhe deu ordens, quando determinou que ataque violentamente Ascalom e o litoral?"

[6]" 'Hayi bo, krelendini likaNdikhoyo, wopheza nini na? Rhoxa ubuyele esingxotyeni, uphumle uzole.'
[7]Kambe ke lingathini ukuphumla uNdikhoyo elinike umsebenzi nje eAshkelon nakumathafa angaselwandle? Uthe maliye kutyakatya apho."

Jeremias 48

Profecia contra Moabe

[1] Ora, quanto a Moabe: Assim diz o Eterno Todo-Poderoso do Exércitos, Deus de Israel: "Ai da cidade de Nebhô, Nebo, Erudição, pois ficou reduzida a escombros. Quiriataim, Cidade dupla; foi completamente abatida e levada ao cativeiro; Misgabe, a Fortaleza, foi igualmente derrotada e arruinada.
[2] Moabe não é mais louvada; em Hesbom planejam a sua destruição, exclamando: 'Vinde, e exterminemo-la, para que deixe de ser uma nação; tu, ó Madmém, Sangria, também serás devastada; eis que a espada te perseguirá!
[3] Eis que se ouvem os gritos de Horonaim: 'Ruína! Ruína! Total assolamento!
[4] Moabe está destruída!' São os gritos de pesar que se escutam até em Zoar, Clamam os teus filhinhos.
[5] Eles sobem pela estrada para Luhit, Luite, pranteando amargamente enquanto caminham; porque na descida de Horonaim, ouviram gritos de desespero por causa da devastação.
[6] Fugi! Salvai a vossa vida! Sede como um Aroer, arbusto ou toco morto, no deserto.
[7] Porque confiaste nas tuas obras e nos teus tesouros, tu também serás capturada, e

UJeremiya 48

Udaba malunga noMowabhi

[1]Malunga noMowabhi uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, uthi: "Kunyembelekile! INebho ibhukuqiwe! Yona iKiriyatayim ihlazekile, ithinjiwe; inqaba idiliziwe yahlazeka.

[2]Luphele nya udumo lwakwaMowabhi. EHeshbhon baceba ububi ngoMowabhi, bathi: 'Yizani simphanzise, angabi saba luhlanga.' Nawe Mademena, uza kucinyw' igama; ikrele liza kukusukela.

[3]Yivani, naso isililo sivela eHoronayim: 'Lubhukuqo nogonyamelo!'

[4]UMowabhi ubhukuqiwe! Iimveku zakhe zivakala zikhala.

[5]Amadoda anyuka induli yaseLuhiti ehamba elila engaphezi. Endleleni ehlayo eya eHoronayim ayambambazela; atsho ngesimbonono ngenxa yobhukuqo lukaMowabhi.

[6]Balekani nizisindise, oku kweqwarha lasentlango.

[7]Ngenxa yokuba uthembele ngamandla nobutyebi bakho nawe uza kubanjwa, aze

Camos irá para o cativeiro junto com seus sacerdotes e seus príncipes.

8 Porque o destruidor virá sobre cada uma das cidades e nenhuma delas escapará da sua fúria; todo o vale será arrasado, e a planície, devastada, como afirmou Yahweh.

9 Deposite sal sobre Moabe, porquanto ela cairá no esquecimento como se tivesse voado para muito longe; suas cidades ficarão sob escombros e totalmente desabitadas.

10 Desgraçado o que faz com negligência o trabalho do SENHOR! Maldito aquele que poupa a sua espada de derramar o sangue do juízo divino!

11 Moabe tem caminhado em paz desde a sua mocidade e descansado como o vinho com seus resíduos; não foi decantada de vasilha em vasilha, tampouco foi para o exílio; por isso o seu sabor se manteve inalterado, e o seu aroma não mudou.

12 Sendo assim, eis que certamente se aproximam os dias”, afirma Yahweh, “quando enviarei decantadores que a decantarão; esvaziarão as suas jarras e as despedaçarão.

13 Então Moabe sofrerá profunda decepção com Camos, da mesma maneira que Israel se frustrou com Betel, em quem depositava confiança.

14 Como podeis afirmar: ‘Somos guerreiros e valentes! Homens preparados para as batalhas”?

15 Moabe foi arrasada e suas cidades serão invadidas; o mais forte e hábil dos seus

uthixo wakho uKemoshe athinjwe, yena kunye nababingeleli namagosa akhe.

8Umtshabalalisi uza kuzifikela zonke iidolophu, kungasindi nanye. Intili yoba ngumqwebedu, ithafa lona lonakaliswe, njengoko watshoyo uNdikhoyo.

9Lumkisani uMowabhi, nithi uza kudilizwa. Makasabe uMowabhi; makaphume abaleke. Iidolophu zakhe ziza kuba ngamabhodlo, kungabikho mntu uhlala kuzo.

10“Uqalekisiwe owenza ngobuvila umsebenzi awuphathiswe nguNdikhoyo. Uqalekisiwe lowo unqenayo ukuphalaza igazi ngekrele lakhe.

11“Kwamhla-mnene uMowabhi ebehlala onwabile; ebezolile njengewayini ecwengileyo, ezibi zayo zisezantsi. Ewe, njengewayini engathululwanga ikhutshelwa kwenye ingqayi, naye akazange asiwe ekuthinjweni. Ngoko ke usenalaa ncasa yamandulo, nevumba lakhe alizange liguquke.”

12Nguwo ke lo umlomo kaNdikhoyo: “Kuza imihla apho ndiya kuthumela iinjoli eziya kumthulula. Ziya kuziqwela iibhekile, zizaphule iingqayi.

13UMowabhi uza kuhlazeka ngenxa kaKemoshe kanye njengoSirayeli owahlazeka ngenxa yokuthembela kwiBhetele.

14“Ningatsho njani ukuthi: ‘Singamagorha; sizizigantsontso zokulwa’?

15Ufikile umtshabalalisi wakwaMowabhi; uza kuzibhukuqa iidolophu zakhe,

jovens desceu para a matança!" assegura o Rei, cujo nome é Todo-Poderoso dos Exércitos.

16 A calamidade de Moabe se aproxima rapidamente e a sua desgraça muito perto está.

17 Lamentai e pranteai por ela, todos os que estais em seu redor e todos os que sabeis a sua fama. Exclamai: Como se quebrou fácil o forte cajado, o poder do cetro majestoso!

18 Desce da tua glória e senta-te no pó, ó cidadão da filha de Dibom; porquanto o exterminador de Moabe já subiu contra ti e destruirá todas as tuas fortalezas!

19 Põe-te junto à estrada e vigia, ó habitante de Aroer; indaga ao homem que foge e à mulher que escapa: Que sucedeu?

20 Moabe foi humilhada, porquanto fora totalmente arruinada; chorai e gritai; anunciai em Arnom que Moabe está absolutamente destruída.

21 O julgamento se abateu sobre as terras do planalto; sobre Holom, Jaza e Mefaate;

22 sobre Dibom, Nebo e Bete-Diblataim,

23 a Quiriataim, Bete-Gamul e Bete-Meom,

24 a Queriote e Bozra, a todas as cidades de Moabe, distantes e próximas.

25 Foi cortado rente o qeren, chifre, o poder, de Moav, Moabe. Seu braço fora quebrado!" afirma o SENHOR.

26 Embriagai-o, porquanto ele provocou Yahweh; Moabe se revolverá no seu próprio

awubhubhise edabini owona mlisela mhle womkhosi wakhe," utsho uKumkani ogama linguNdikhoyo, uThixo onamandla onke.

16"Intlekele imfikele uMowabhi; ishwangusha limgubungele ngephanyazo.

17Yibani novelwano nguye, nina bamngqongileyo; nina bangqina udumo lwegama lakhe, yithini: 'Yehaa, yaphukile ingwanyalala yomsimelelo; waphukile umsimbithi wodumo!'

18"Yihlani ewongeni, nina bemi baseDibhon, nihlale phantsi kwelibharhileyo. Unifikele umtshabalalisi weMowabhi, wazidiliza iinqaba zenu.

19Yimani ngasendleleni, nina bemi baseArure, nikhangele. Buzani kwindoda esabileyo nakumfazi osindileyo, nithi: 'Ingaba kwenzekeni na?'

20UMowabhi uhlazekile kuba ubhukuqiwe. Yenzani isijwili nikhale, nazise abahlala ngaseArnon, nithi: 'UMowabhi ubhuqiwe.'

21Yithini isigwebo sifikile kuloo mathafa: eHoloni, eJaza, naseMefati;

22eDibhon, eNebho, naseBhete-diblatayim;

23eKiriyatayim, eBhete-gamuli, naseBhete-mewon;

24eKeriyoti naseBhozera, nakuzo zonke iidolophu zakwaMowabhi, ezikude nezikufuphi.

25Waphulw' iimpondo uMowabhi; amandla akhe aphanzisiwe." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

26"Mtshoni ayobe uMowabhi, kuba eziphakamisile phambi koNdikhoyo;

vômito e ele do mesmo modo será envergonhado.

[27] Pois Israel não foi também ridicularizado? Porventura foi achado entre roubadores para que, sempre que falas dele, sacudas a cabeça em sinal de zombaria?

[28] Ó habitantes de Moabe, abandonai o quanto antes as cidades e buscai viver no rochedo; sede como a pomba que se aninha nas beiras seguras dos penhascos!

[29] Temos ouvido da soberba de Moabe, da sua grande arrogância; do seu imenso orgulho e empáfia, da sua presunção e da insolência do seu espírito de superioridade!

[30] Eu conheço bem o teu descaramento", afirma Yahweh. "A tua tagarelice sem fundamento e as suas atitudes sem valor, e que não chegam a parte alguma!

[31] Por isso, me levantarei por Moabe, bradarei em favor de toda a terra de Moabe, prantearei pelos moradores de Quir-Heres.

[32] Lamentarei por todos vós mais do que choro por Jazar, ó videiras de Sibma. Os teus ramos ultrapassaram o mar e chegaram a Jazar; mas o destruidor caiu sobre as tuas frutas de verão e sobre a tua colheita de uvas.

[33] A alegria e a satisfação abandonaram as terras férteis de Moabe. Interrompi a produção de vinho nos lagares. Ninguém mais pisa uvas com brados de alegria; embora haja sim gritos, estes não são de alegria.

[34] O grito de Hebom é ouvido em Eleale e Jaaz, desde as terras de Zoar até Horonaim

makazityikile emhlanzweni wakhe, abe sisigculelo.

[27]Kanene uSirayeli wayengesosigculelo senu na? Wakha wabanjwa namasela na uSirayeli sele nihlunguzela iintloko nje xa nithetha ngaye?

[28]Phumani ezidolophini zenu, nina bemi bakwaMowabhi, niye kuhlala ezingxondorheni, nixele ivukuthu elakhela indlwana phezulu emlonyeni womqolomba."

[29]Sivile ngokukratsha kukaMowabhi. Asilokratshi, kukuzidla nokuzingca; ngenene, kukuzigwagwisa nokuziqenya nokukhukhumala kwentliziyo!

[30]Nguwo ke lo umlomo kaNdikhoyo: "Ndiyakwazi ukuzidla kukaMowabhi, kodwa kungamampunge; ukuzigwagwisa kwakhe kulilize.

[31]Ndiza kwenza isimbonono ngenxa kaMowabhi, ndikhale ngenxa kaMowabhi ephela, kuncwinwe ngenxa yamadoda aseKiriheresi.

[32]Wena mdiliya waseSibhema, ndiza kukulilela ngaphezu kokulilela iYazere. Amasebe akho anabe aya kutsho elwandle, ada afikelela kulwandle lwaseYazere. Umtshabalalisi uzifikele iidiliya zakho neziqhamo zakho zasehlotyeni.

[33]Uvuyo nolonwabo lumkile kumasimi nezitiya zeziqhamo zakwaMowabi, newayini ndiyinqamle esixovulelweni. Akusavakali nantswahla yabaxovuli; naxa kukho intswahla asiyontswahla yamivuyo.

[34]"Isijwili saseHeshbhon sivakele nase-Elale; siye kufikelela eYahazi. Loo ntsholo

e Eglate-Selisia, pois até mesmo as muitas águas de Ninrim secaram!

[35] Em Moabe exterminarei por completo aqueles que prestam homenagens e depositam suas ofertas em altares idólatras, e queimam incenso a deuses estranhos!", assegura Yahweh.

[36] Por este motivo o meu coração está em prantos por Moabe, como os pífaros, como o som triste da flauta dos prateadores, lamenta-se pelos moradores de Quir-Heres. Ora, toda a riqueza que acumularam se esvaiu!

[37] Toda a cabeça foi rapada, e toda barba cortada; todas as mãos estão repletas de escoriações e incisões, e toda cintura foi coberta com veste de luto e lamento.

[38] Em todos os terraços de Moabe e nas praças não há nada além de dor, choro e lamento, porquanto despedacei Moabe como um jarro desprezado que alguém atira no chão!" afirma o SENHOR.

[39] Vede como geme Moabe! Como está arrasada e totalmente alquebrada! Como pranteiam! Como, envergonhada e humilhada, virou Moabe as costas! Assim, pois, se tornou Moabe objeto de escárnio e de escândalo para todos os que estão ao seu redor."

[40] Porque assim diz SENHOR: "Eis que Eu Sou Yahweh, e prometi que uma nação atacará Moabe e cairá em cima de suas cidades como uma águia com as asas abertas!

[41] Keriot, Queriote, foi conquistada e todas as fortalezas capturadas. Naquele Dia, os

inabele eZoware; iye kutsho eHoronayim nase-Egelati-shelishiya; kuba kaloku namanzi eNimrim sele atsha qoko.

[35]Ndiza kumnqumla kwaMowabhi osondeza amadini ezindaweni eziphakamileyo, nalowo uqhumisela oothixo bakhe." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[36]"Yiyo loo nto nditsho ngesililo ngathi ngumrhubhe wengcongolo, ndililela iMowabhi, nditsho amadoda aseKiriheresi. Buphelile ubutyebi bawo ababebuqwebile.

[37]Intloko nganye ichetyiwe, ngokunjalo neendevu zisusiwe; isandla ngasinye sicentiwe, esinqeni ngasinye kwabhinqwa irhonya.

[38]Emaphahleni ezindlu zonke zakwaMowabhi nasezindaweni zembutho kusisijwili nje sodwa, kuba uMowabhi ndimkrobozile oku kwengqayi engafunwa bani." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[39]"Hayi ukuhlazeka kwakhe; hayi ukubhombholoza kwabo! Hayi ukunikela kukaMowabhi ikhosi ngenxa yeentloni. Usuke waba sisigculelo nesothuso kwabo bamngqongileyo uMowabhi."

[40]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Khangela ukhozi luyandanda, lutweze amaphiko phezu koMowabhi.

[41]Iidolophu ziza kuthinjwa, iinqaba zakhona zihluthwe. Ngaloo mini intliziyo

mais valentes guerreiros de Moabe sentirão mais medo e pavor do que uma mulher sofrendo as dores de parto.

yamagorha akwaMowabhi iya kuba njengentliziyo yomfazi ophethwe yinimba.

[42] Eis que Moabe será exterminada como nação porquanto ela teve a petulância de desafiar Yahweh!

[42]UMowabhi uza kuphanziswa angabi saba sisizwe, kuba eziphakamisile phambi koNdikhoyo.

[43] Sendo assim, terror, cova e ciladas aguardam por ti, ó povo de Moabe!", assegura o SENHOR.

[43]Ufikelwe kukunkwantya nomhadi nomgibe, wena mmi waseMowabhi." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[44] Quem fugir do terror se precipitará em uma cova, e quem conseguir sair da cova será apanhado pelo laço. Eis que farei chegar sobre Moabe a hora do seu castigo!", avisa Yahweh.

[44]"Obaleka ngenxa yokunkwantya weyela emhadini; ophuma emhadini, ubanjiswa ngumgibe. Konke oko ndiza kukuhlisela uMowabhi ngonyaka wokumohlwaya kwam." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[45] Na sombra de Hesbom os fugitivos se encontram desamparados, pois um fogo saiu de Hesbom, uma labareda, do meio de Seom; e queima as frontes dos guerreiros de Moabe e as cabeças dos homens turbulentos.

[45]"Iimbacu zema emathunzini eHeshbhon zityhafile, kuba kusuke kwaqhambuka umlilo kuloo Heshbhon. Kulenya amadangatye kwaSihon; atshisa ibunzi labakwaMowabhi, nokhakayi lwabaqhankqalazi abenza ingxolo.

[46] Ai de ti, pobre Moabe! O povo de Camos está devastado; pois teus filhos foram capturados e levados para o exílio, e tuas filhas, para o cativeiro.

[46]Yehaa kuwe, Mowabhi! Batshabalele abantu bakaKemoshe, kuba umlisela nomthinjana wakho usiwe ekuthinjweni.

[47] Contudo, eis que haverei de restaurar o destino de Moabe em dias vindouros!", assegura o SENHOR. E aqui se encerra a sentença de punição, o juízo, sobre Moabe.

[47]"Kambe ke, kwimihla ezayo ndombuyisela kundalashe uMowabi, adle ngendebe endala." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. Siyaphela apha isigwebo sesizwe sakwaMowabhi.

Jeremias 49

Profecia contra os amonitas

[1] A respeito dos filhos de Amom. Eis que assim diz Yahweh, o SENHOR: Porventura Israel não tem filhos? Será que não tem descendência nem herdeiros? Por que, então, Milcom, Moloque, deus dos amonitas, tomou posse de Gade? Explicai,

UJeremiya 49

Udaba malunga noAmon

[1]Malunga noAmon uNdikhoyo utsho ukuthi: "Akananyana na uSirayeli? Akanandlalifa na? Kutheni uMilikom elithimbile ilifa likaGadi? Kutheni iidolophu zakwaGadi zimiwe ngabantu bakaMilikom?"

pois, por qual motivo seu povo vive nas cidades de Gade?

2 Portanto, diz o SENHOR: “certamente dias virão em que farei soar o brado de guerra contra Rabá dos amonitas. Então ela será reduzida a um monte de entulho, e os seus povoados e aldeias serão consumidos pelo fogo; então Israel expulsará aqueles que o expulsaram; deserdará os que o deserdaram!” Palavra de Yahweh.

3 Lamentai e chorai, pois, ó Hesbom, porquanto a cidade de Ai está arrasada; clamai, ó moradores de Rabá! Trajai vossas vestes de luto e lamento, cingi-vos de cilício, e pranteai! Fuji depressa para onde for possível, porquanto Moloque irá para o cativeiro, juntamente com seus sacerdotes e príncipes!

4 Ora, por que te orgulhas de teus vales, de todas as tuas terras férteis, ó filha rebelde? Tu, que depositas tua confiança nas riquezas que possuis e ainda exclamas: ‘Quem haverá de me atacar?’

5 Pois então, farei com que tenhas pavor de tudo o que está ao redor de ti!”, afirma o SENHOR, Todo-Poderoso dos Exércitos. “Eis que sereis dispersos, cada um de vós, para uma direção diferente e ninguém mais conseguirá reunir os fugitivos!

6 Contudo, passados esses acontecimentos, Eu mesmo restaurarei a sorte dos amonitas!” assegura Yahweh.

Profecia contra os edomitas

7 Palavra em relação a Edom: Assim diz o Eterno, o SENHOR dos Exércitos: “Ora, será que já não há mais bom senso nem sabedoria em Temã?” Porventura o bom

2Kambe ke, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Niyabona, iyeza imihla endiya kuyihlabela umkhosi iRabha yama-Amon. Iya kuba yimfumba yamabhodlo, iilali zayo zitshiswe ngomlilo. Ewe, uSirayeli uya kubagxotha abo babemgxothile.” Utsho uNdikhoyo.

3“Yenza isijwili, wena Heshbhon, kuba iAyi ibhuqiwe. Khalani, zilali zaseRabha; bhinqani ezirhwexayo nizile. Zula-zulani nididekile, kuba uMilikom uya kuthinjwa, nditsho yena kunye nababingeleli neziphathamandla zakhe.

4Kutheni niqhayisela ngeentili zenu, iintili zenu ezichumileyo? Hayi bo, bantundini abakreqayo, abakholosa ngobutyebi babo! Nithi: ‘Ngubani onokusihlasela?’

5Niyabona, ndiza kunihlisela unkwantyo luvela kubantu abaningqongileyo.” Lowo ngumlomo weNkosi uNdikhoyo onamandla onke. “Niya kuchitha-chithwa, elowo asabe ngeyakhe indlela, kungabikho bani uzihlanganisayo iimbacu.

6Kambe ke, emva koko, ndiya kumbuyisela kundalashe uAmon, adle ngendebe endala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

Udaba malunga noEdom

7Malunga noEdom uNdikhoyo onamandla onke utsho ukuthi: “Akusekho bulumko na kwaTeman? Sezaphelelwa ngamacebo na

conselho desapareceu dos prudentes? Será que a sabedoria que neles habitava apodreceu?

iingqondi? Sebutshitshile na ubulumko bazo?

[8] Dai meia volta e fugi depressa! Escondei-vos em cavernas profundas, ó moradores de Dedã, porquanto trarei sobre ela a destruição de Esaú, assim que chegar a hora em que a castigarei.

[8]Jikani nisabe, nizimele kwimiqolomba emnyama, nina bemi bakwaDedan. Ndiza kumhlisela ishwangusha uEsawu, kuba lifikile ixesha lokuba ndimohlwaye.

[9] Se aqueles que colhem uvas viessem a ti, não é certo que te deixariam apenas alguns cachos? Se roubadores surpreendessem a ti durante a noite, não saqueariam somente o que lhes fosse interessante?

[9]Andithi xa kuvunwa iidiliya ubakho umbhikico oshiyekayo? Andithi xa kufika amasela ebusuku ayeba ade anele?

[10] Mas Eu despi totalmente a Esaú e devastei seus esconderijos, de tal maneira que ele não terá a menor condição se ocultar e refugiar-se. A sua descendência, assim como seus irmãos e vizinhos, estão absolutamente arrasados, e nem ele próprio existe mais!

[10]Kodwa mna ndiya kumhluba konke anako uEsawu, ndimkhuphulule kwezo ndawo azimele kuzo, angabi nako tu ukufihlakala. Uya kucinywa igama yena nenzala yakhe, angabi saba nabo abazalwana nabamelwane.

[11] 'Deixa os teus órfãos, Eu mesmo cuidarei deles e protegerei suas vidas; e as tuas viúvas confiem na minha pessoa!'"

[11]Zishiyeni iinkedama zenu – ndiya kuzondla; kwanabahlolokazi benu mabakholose ngam."

[12] Porquanto assim diz o SENHOR: "Se aqueles para quem o cálice não estava sentenciado tiveram que bebê-lo, porque deverias tu permanecer totalmente impune? Ora, certamente não passarás sem a devida punição, mas deverás tomar o cálice do castigo.

[12]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Niyabona, kwanâbo bakhangeleka ngathi abakufanelanga ukohlwaywa, nabo bayayisezwa indebe yengqumbo yam. Wena ke ubuya kuthini ukuphoswa sisibetho? Inene, nawe uya kuyisela loo ndebe.

[13] Eis, portanto, que juro por mim mesmo!", afirma o SENHOR, "que Bozra ficará sob ruínas e completamente destruída; ele se tornará objeto de ridículo, humilhação, vergonha, desolação e desgraça, e todas as suas cidades serão amaldiçoadas e ficarão desertas para sempre!"

[13]Ndifunga iGama lam," lowo ngumlomo kaNdikhoyo: "IBhozera iya kuba sisothuso, nehlazo, nentshabhiso, nesiqalekiso, yona needolophu zayo zonke zibe ngamanxuwa ngonaphakade."

[14] Então, eis que ouvi uma profecia da parte de Yahweh; um mensageiro foi mandado às nações para lhes comunicar: “Ajuntai-vos e vinde contra ela; levantai-vos para a guerra! Preparai-vos para a grande batalha!

[15] Eis que farei de ti uma nação insignificante entre todas as demais; desprezada serás por todos os homens!

[16] O terror que hoje inspiras e a arrogância do teu coração te enganaram e induziram ao erro; ó tu que habitas nas fendas das rochas, nos altos penhascos; que ocupas o topo das colinas. Ainda que, como a águia, construas o teu ninho nas alturas, precisamente de lá Eu te derrubarei!”, adverte Yahweh.

[17] “E Edom se transformará num espetáculo de terror; todo aquele que passar por ela ficará horrorizado e zombará por causa de todas as suas condenações, pragas e feridas.

[18] Do mesmo modo como ocorrera na destruição de Sodoma e Gomorra, e das cidades circunvizinhas”, Palavra do SENHOR, “e ninguém mais habitará ali, nenhum ser humano fixará residência nessas terras.”

[19] Como um leão que sobe da mata do Jordão caminhando decidido em direção aos pastos verdejantes, de repente, Eu atacarei Edom e dispersarei as ovelhas para todos os lados da pastagem. Subitamente farei Edom fugir correndo pelos campos; e colocarei sobre ele quem eu desejar. Pois quem é o meu escolhido? Quem, pois, é capaz de se comparar a mim e possa me resistir? E que governador poderá me desafiar?

[14]Ndive udaba, luvela kuNdikhoyo, kuthunywe isigidimi ezintlangeni ukuthi: “Hlanganani, nilungele imfazwe; qulani, nizimisele ukuyihlasela.”

[15]“Edom, ndiza kukwenza ube mncinane ezintlangeni, udeleke ebantwini.

[16]Ulahlekisiwe kukoyikeka kwakho nalikratshi lakho, wena omi ezimfanteni zeengxondorha, wena ohleli kwiincopho zeentaba. Nokuba uyakhe phezulu indlu yakho, yaxela eyokhozi, ndokuthula apho.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[17]“Uya kuba sisothuso uEdom. Bonke abadlulayo baya kuthi makatha, baphoxise ngenxa yokubhukuqwa kwakhe.

[18]Nqwa nokubhukuqwa kweSodom neGomora needolophu ezingqongileyo kuya kuba njalo ukubhukuqwa kwelamaEdom – akuyi kuba sabakho bani uhlala khona, kungabikho kwamphambukeli apho.” Utsho uNdikhoyo.

[19]“Njengengonyama ephuma kwiintshinyela zamatyholo aseJordan, isiya emadlelweni ahlala eyokozela, kuya kuba njalo ukumgxotha kwam ngephanyazo kwelakowabo uEdom. Ngubani na onyuliweyo nendiya kumalatha ukuze andenzele oku? Kakade ngubani na onjengam onokumelana nam, ingubani umalusi onokuxaba endleleni yam?

[20] Sendo assim, ouvi o que Yahweh determinou contra Edom o que planejou contra os habitantes de Temã: Até mesmo crianças e idosos serão arrastados, como ovelhas incapazes arrastadas pelas feras, e as pastagens ficarão assoladas por causa deles.

[21] Ao som de sua queda a terra tremerá; o grito deles ressoará até o mar Vermelho e o golfo de Ácaba.

[22] Eis que uma água subirá, voará e estenderá as suas asas contra Bozra; naquele Dia, a coragem dos bravos e valentes de Edom será semelhante a de uma mulher sofrendo as dores de parto.

Profecia contra Damasco

[23] E Yahweh disse o seguinte em relação a Damasco: “Eis que Hamate e Arpade estão perplexas, porquanto ouviram más notícias! Estão chocadas e abatidas, preocupadas com o mar que se agita.

[24] Damasco tornou-se frágil, deu meia volta para fugir, mas o pânico tomou conta dela e a paralisou; angústia e dor se apoderaram dela, dores como as sofridas por uma mulher em trabalho de parto.

[25] Ó, como está desprezada a grande e formosa cidade, a conhecida cidade da alegria!

[26] Por este motivo, os seus jovens cairão nas ruas e todos os seus guerreiros ficarão atônitos e em total silêncio naquele Dia!” afirma o Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos.

[20]Ke ngoko liveni icebo likaNdikhoyo alicebileyo nge-Edom, izigqibo zakhe agqibe ngazo ngokubhekiselele kubemi bakwaTeman. Inene, namatakane aya kuqwengwa, umhlambi uthi khumnqa ngenxa yawo.

[21]Ihlabathi liya kunyikima sisithonga sokuwa kwabo. Isandi sokukhala kwabo siya kuvakala de kuye kutsho kuLwandle oluBomvu.

[22]Khangela, ukhozi luyantinga lundande; lutweza amaphiko phezu kweBhozera. Ngaloo mini intliziyo yamagorha akwaEdom iya kuba njengentliziyo yomfazi ophethwe yinimba.”

Udaba malunga neDamasko

[23]Malunga neDamasko uNdikhoyo uthi: “Ihlazekile iHamati neApadi, kuba kuviwe iindaba ezimbi. Bancamile, bakhathazekile; bafana nolwandle olungenakuzola.

[24]IDamasko ityhafile; ijikile, yasuka yabaleka. Ifikelwe kukunkwantya; ihlelwe yimbandezelo nenimba njengozalayo.

[25]Hayi ukulahlwa kwesi sixeko ebesisakuba sesidumileyo, isixeko ebesisakuba yindawo yemihlali!

[26]Inene, amadodana aso aya kuwa ezitalatweni; onke amajoni aso aya kuthi cwaka ngaloo mini.” Ewe, nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo onamandla onke; uthi:

[27] Atearei fogo às muralhas de Damasco, fogo de tal ordem que consumirá as fortalezas e o palácio de Ben-Hadade!”

Profecia contra a Arábia

[28] Quanto a Quedar e os reinos de Hazor, que Nabucodonosor, rei da Babilônia, derrotou. Eis que assim fala o SENHOR: “Levantai-vos, subi contra Quedar e destrui os homens do Oriente.

[29] Seus sukkãs, tabernáculos, tendas, e seus rebanhos serão todos tomados de ti; suas lonas, cortinas e todos os utensílios serão levados pelo inimigo, como também os seus vasos e seus camelos; e lhes gritarão: ‘Eis que há terror por todos os lados!’

[30] Nesta hora fugi sem demora! Desviai-vos para muito longe! Escondei-vos em cavernas e fendas profundas nos rochedos, ó moradores de Hazor!” adverte Yahweh, “porquanto, Nabucodonosor, rei da Babilônia já tramou e fez planos a fim de invadi-los!

[31] Portanto, preparai-vos, atacai vós uma nação que está tranquila, que vive despreocupada e confiante!” orienta Yahweh, “uma nação que não tem portões trancados, cujos moradores vivam isolados de outras nações.

[32] Seus camelos se tornarão despojo e suas grandes manadas, espólio para vós. Eis que espalharei ao vento aqueles que rapam a cabeça ou prendem o cabelo junto à testa, e de toda parte trarei ruína e destruição sobre vós!” Palavra do SENHOR.

[27]“Ndiya kusintumeka umlilo isixeko saseDamasko, atshiswe nguwo amabhotwe kaBhenadadi.”

Udaba malunga namaKedare nesixeko iHazore

[28]Malunga namaKedare nezikumkani zaseHazore awazihlaselayo uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli utsho uNdikhoyo ukuthi: “Phakamani niwahlasele amaKedare, nibatshabalalise abantu basempumalanga.

[29]Ziya kuthinjwa iintente zabo nemfuyo yabo, kumkiwe nemikhusane yabo nempahla esezintenteni zabo, nditsho kwaneenkamela zabo. Kuya kumemezwa kubo kuthiwe: ‘Lunxunguphalo macala onke!’

[30]“Sabani! Balekani ngamandla! Zimelani kwimiqolomba emnyama, nina bemi baseHazore.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Kaloku uNebhukadenezare, ukumkani waseBhabheli, ucebe icebo malunga nani, wagqiba izigqibo ngani.

[31]“Phakamani niye kuhlasela uhlanga oluzonwabeleyo, uhlanga oluhleli lungenaxhala.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. “Nditsho olungenazingcango namivalo, uhlanga oluzihlalele lodwa bucala.

[32]Iinkamela zabo ziya kuphangwa, imihlambi yabo ngobuninzi bayo ibe lixhoba. Ndobachitha-chitha baphetshethwe ngumoya abo banwele zichetyiweyo ezintlafunweni. Ndobahlisela ishwangusha macala onke.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[33] Deste modo Hazor se transformará em morada de chacais, um imenso deserto e uma ruína para sempre. Ninguém mais habitará ali, nenhum ser humano nela fixará sua morada!"

Profecia contra os elamitas

[34] Esta é a mensagem de Yahweh, que veio ao profeta Jeremias em relação à cidade de Elão, no início do governo de Zedequias, rei de Judá:

[35] Assim diz Yahweh dos Exércitos: "Eis que quebrarei o poderoso arco de Elão, a base de sua majestade diante dos povos.

[36] E trarei os quatro ventos, que procedem dos quatro cantos do céu e os soprarei sobre Elão, a fim de espalhar todo o seu povo, em todas as direções, pelos quatro ventos da terra; e não haverá nenhuma nação para onde não sejam levados os expatriados de Elão.

[37] E farei que Elão desfaleça diante de seus inimigos e perante todos quantos procuram exterminá-lo. Trarei sobre eles a desgraça, o furor da minha ira!", assegura Yahweh; e mandarei contra eles a guerra, até que Eu os tenha aniquilado.

[38] Porei o meu trono em Elão e destruirei dali o rei e todos os seus príncipes!" afirma o SENHOR.

[39] Contudo, nos últimos dias, acontecerá que mudarei a sorte de Elão! Eis que Eu, Yahweh, o SENHOR, tenho dito!

Jeremias 50

Profecia contra a Babilônia

[33]"IHazore iya kuba sisikhundla soodyakalashe, kube senkangala kude kube nini-nini. Akuyi kuhlala bani khona, kungabikho mntu uphambukela apho."

Udaba malunga nelakwaElam

[34]Nalu udaba lukaNdikhoyo olwavakala kumshumayeli uJeremiya malunga nelakwaElam esandula ukuqala ukuphatha uZedekiya ukumkani wakwaJuda.

[35]Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Niyabona, ndiza kusaphula isaphetha sakwaElam; eso kanye sisisiseko sobugorha babo.

[36]ElakwaElam ndiza kulizisela imimoya yomine ephuma macala onke. Ndobachitha-chitha kuloo mimoya yonke, kungabikho luhlanga bangafikiyo kulo abachithiweyo bakwaElam.

[37]Ndowenza amaElam ankwantye akuqubisana neentshaba ezizungula ubomi bawo, ndowahlisela intlekele ukuvutha komsindo wam." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Ndowaleqa ngekrele, ndide ndiwagqibe.

[38]Ndiya kumtshabalalisa ukumkani wakhona kunye neziphathamandla zakhe, ibe ndim olawula apho." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[39]"Kambe ke, kwimihla ezayo, ndombuyisela kundalashe uElam, adle ngendebe endala." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

UJeremiya 50

Udaba malunga neBhabheli

[1] Este é o oráculo de Yahweh comunicado através do profeta Jeremias a respeito da Babilônia e de toda a nação dos caldeus:
[2] "Anunciai, pois, e proclamai entre as nações, erguei uma bandeira, um sinal, fazei com que todos saibam; não escondei nenhuma informação; exclamai: 'Eis que a Babilônia foi conquistada, Marduque, o deus caldeu Bel, foi abatido e humilhado. Marduque está apavorado, seus ídolos estão prostrados, e os seus deuses, desesperados!
[3] Pois uma nação vinda do Norte vem atacar a Babilônia e transformará suas terras em deserto e assolação; ninguém mais viverá nela; tanto seres humanos como animais fugirão apavorados.
[4] Na época em que estes acontecimentos se derem e naqueles dias de terror", declara Yahweh, "a população de Israel e o povo de Judá virão juntos, pranteando e clamando pelo favor do SENHOR, o seu Deus.
[5] Indagarão pelo caminho que leva a Sião e voltarão suas faces da direção dela. Virão e se apegarão com devoção a Yahweh, exclamando: 'Vinde todos, uni-vos, pois, ao SENHOR em Aliança eterna; Pacto que jamais será esquecido!'
[6] Ora, meu povo tem sido como ovelhas perdidas; seus pastores as desencaminharam e as fizeram perambular pelas colinas. Elas vaguearam por montes e montanhas e se esqueceram de seu próprio lugar de repouso.
[7] Todos que as encontram as devoram. Os seus inimigos exclamaram: 'Não somos os culpados por suas mortes; afinal, foram elas que pecaram contra Yahweh, seu verdadeiro

[1]Nâli ilizwi uNdikhoyo awalithethayo ngomshumayeli uJeremiya malunga neBhabheli nezwe lamaKaledi:

[2]"Xelani nivakalise ezintlangeni, niphakamise ibhanile niqononondise. Musani ukufihlisa, koko yithini: 'Ithinjiwe iBhabheli; uhlazekile uBhele; uMarduki uyankwantya luloyiko. Zihlazekile izithixo zabo; ziyankwantya izinto ezingamasikizi abazinqulayo.'

[3]Kaloku ihlaselwe luhlanga lwasentla oluya kwenza ilizwe libe senkangala. Aliyi kumiwa bani – bobaleka bemke abantu kwanezilwanyane.

[4]"Ngaloo mihla nangelo xesha," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "abantu bakwaSirayeli nabantu bakwaJuda baya kuhamba kunye belila, befuna uNdikhoyo uThixo wabo.

[5]Baya kubuza indlela esinga eZiyon, babheke kuyo, bathi: 'Yizani, sizimanye noNdikhoyo ngomnqophiso ongenasiphelo nongasayi kulityalwa.'

[6]"Abantu bam bâba ziigusha ezilahlekileyo; balahlekisiwe ngabelusi babo, babhadula ezintabeni, bajikeleza iintaba neenduli, bayilibala indawo yabo yokuphumla.

[7]Babedliwa ngabo bonke ababafumanayo; iintshaba zabo zazisithi: 'Asinatyala. Kaloku bamonile uNdikhoyo, yena olidlelo lenene, yena Ndikhoyo ithemba looyise.'

campo de justiça e paz; sim, o SENHOR, a esperança viva de seus antepassados!'

8 Fugi depressa da Babilônia e saí todos vós das terras dos caldeus babilônios; sede como os bodes que lideram os rebanhos.

8"Balekani niphume eBhabheli; lishiyeni izwe lamaKaledi, nixelise iinkunzi zeebhokwe ezikhokela umhlambi weegusha.

9 Pois das terras do Norte, Eu mesmo haverei de organizar e mobilizar uma poderosa coalizão de fortes nações. Eis que elas tomarão posição de combate contra ela e a tomarão completamente. Suas flechas serão como valentes bem treinados que sempre cumprem cabalmente suas missões.

9Kuba kaloku kwelasentla ndiya kuvelisa igqiza leentlanga ezinkulu; ndizifunzela eBhabheli. Ziya kuwacwangcisa amajoni, abe zizintlu zokulwa, ziyihlasele zivela ngasentla, ziyithimbe. Iintolo zabo ziya kuba njengamagorha anobuchule angabuyi elambatha.

10 E assim, a Caldeia, a Babilônia, será toda saqueada, e todos que a saquearem sairão dela fartos!" Palavra de Yahweh.

10Loba lixhoba elamaKaledi, abathimbi balo bathimbe bade banele." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

11 "Ainda que vos alegreis e vos regozijeis, ó saqueadores da minha herança, embora andeis soltos como a novilha que pisa o capim e relincheis como os cavalos mais vigorosos,

11"Nakuba nivuya nidlamkile, nina baphangi belifa lam, nakuba nidloba njengethokazi elibhulayo, nakuba nikhala okweenkunzi zamahashe,

12 vossa mãe ficará muito envergonhada, a que vos deu a luz se sentirá humilhada; ela será a menor das nações, um deserto, uma terra árida e vazia.

12uya kuba neentloni gqitha unyoko iBhabheli; uya kuhlazeka onizeleyo. Niyabona, uya kuba ngowokugqibela ezintlangeni – intlango, umqwebedu, inkqantosi.

13 Por causa da ira de Yahweh não mais voltará a ser habitada; pelo contrário, ela se tornará absolutamente desolada; todas as pessoas que passarem pelas ruínas da Babilônia ficarão chocados e demonstrarão seu horror e escárnio por conta de todas as suas desgraças e feridas.

13Ngenxa yengqumbo kaNdikhoyo uya kuba sisixeko esingamiwa bani, indawo eyinkangala mpela. Bonke abadlulayo eBhabeli baya kothuka, bathi khumnqa ngenxa yokubhukuqwa kwayo.

14 Tomai, pois, posição de ataque em torno da cidade da Babilônia. Todos vós que manejam com grande habilidade os arcos: preparai-vos! Atirai contra ela, não poupeis

14"Yakhani uhlelo, niyingqinge iBhabheli, nina nonke batyedi besaphetha. Tolani nitsho kuyo, ningashiyi lutolo, kuba imonile uNdikhoyo.

flechas, porque ela tem pecado contra Yahweh, o SENHOR.

[15] Bradai contra ela, cercando-a; ela já se rendeu; caíram suas grandes torres, as suas fortes muralhas estão no chão. Pois esta é a vingança justa do SENHOR; vingai-vos dela também; fazei-lhe o mesmo que ela fez aos outros.

[16] Cortai da Babilônia o que semeia, e o que trabalha bem com a foice na época da colheita; por causa da espada do opressor, cada um retornará para o seu povo e fugirá para a sua própria terra.

[17] Israel é um cordeiro desgarrado, os leões o assustaram e o fizeram fugir apavorado; o primeiro a devorá-lo foi o rei da Assíria, e agora, por último, Nabucodonosor, rei da Babilônia, quebrou-lhe os ossos".

[18] Concluindo, assim diz o Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos, Deus de Israel: "Castigarei o rei da Babilônia e toda a sua terra, assim como repreendi severamente o rei da Assíria.

[19] Contudo, haverei de trazer Israel de volta a sua própria pastagem e ele pastará no Carmelo e em Basã; e, com fartura, saciará a sua fome nos montes de Efraim e em Gileade.

[20] Naquela época, e durante todos aqueles dias", afirma o SENHOR, "se tentará achar alguma iniquidade em Israel, porém nenhuma falta será encontrada; buscar-se-á por pecados em Judá, mas igualmente nenhum erro será localizado, porquanto todo o remanescente que Eu poupar estará definitivamente perdoado!

[15]Hlabani umkhosi macala onke! Iyanikezela – iinqaba zayo ziwile; iindonga zayo zidiliziwe. Yimpindezelo kaNdikhoyo le; phindezelani ke kuyo, nenze kuyo njengoko nayo yenze kwabanye.

[16]Mnqumleni eBhabheli umhlwayeli nalowo uphethe irhengqa ngexesha lokuvuna. Ngenxa yokudlavula kwekrele elowo ubheka ebantwini bakowabo, elowo ubalekela ezweni lakowabo.

[17]"USirayeli uyigusha ebhacileyo; usukelwe ziingonyama. Eyokuqala eyamdlayo ngukumkani waseAsiriya; eyokugqibela ukugramza amathambo akhe nguNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli."

[18]Ke ngoko uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, utsho ukuthi: "Niyabona, ndiza kumohlwaya ukumkani waseBhabheli nelizwe lakhe njengoko ndamohlwayayo ukumkani waseAsiriya.

[19]Ke yena uSirayeli ndiya kumbuyisela edlelweni lakhe, adle eKarmele naseBhashan, ahluthe ezintabeni zakwaEfrayim nezaseGiliyadi.

[20]Ngaloo mihla nangelo xesha," lowo ngumlomo kaNdikhoyo, "buya kufunwa ubugwenxa bukaSirayeli, kodwa bungabikho; ziya kufunwa nezono zikaJuda, kodwa zingafumaneki. Kaloku ndiya kuwaxolela loo masalela ndiwasindisayo.

[21] Atacai, pois, a terra de Merataim e aqueles que moram em Pecode. Persegue, destrói e mata todos que sobreviverem!", ordena Yahweh. "Fazei tudo de acordo com as minhas ordens!

[22] Eis que na terra há estrondo de batalha e de grande destruição.

[23] Como foi despedaçado e aniquilado o martelo de toda a terra! Como a Babilônia ficou assolada perante todas as nações!

[24] Preparei ciladas e armadilhas para ti, ó Babilônia, e foste apanhada antes mesmo que pudesses perceber; foste encontrada e aprisionada, pois te colocaste contra Yahweh.

[25] O SENHOR abriu o seu arsenal e trouxe para fora as armas da sua ira, pois o Soberano Todo-Poderoso dos Exércitos tem trabalho para realizar na terra dos caldeus babilônios.

[26] Vinde contra ela dos confins da terra, abri os seus celeiros; transformai-a em escombros e arrasai-a completamente; não lhe deixai remanescente.

[27] Exterminai todos os seus jovens guerreiros, como se fossem novilhos que descem ao matadouro! Ai deles! Porquanto chegou o seu Dia: o momento preciso de serem castigados.

[28] Esta é a voz dos que fogem e escapam da terra da Babilônia para proclamar em Sião o Dia da Vingança de Yahweh, nosso Deus. A hora da vingança do seu Templo.

[29] Convocai contra a Babilônia os flecheiros, todos os que preparam arcos; acampai ao

[21]"Lihlasele ilizwe laseMeratayim nabemi basePekode; babulale ubatshabalalise ngokupheleleyo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Kwenze konke endikuyalele kona.

[22]Isithonga semfazwe sivakala elizweni, isandi sobhukuqo olukhulu.

[23]Nantso intlekekile ihamile eyayikhanda ihlabathi! Hayi ukuba ngamanyumnyezi kweBhabheli phakathi kweentlanga!

[24]Ndikuthiyele, Bhabheli, wabanjiswa ungaqondi. Ufunyenwe, wabhajiswa, kuba uchasene noNdikhoyo.

[25]UNdikhoyo ubavulile oovimba bakhe, wazikhupha izikhali zengqumbo yakhe, kuba iNkosi uNdikhoyo enamandla onke inomsebenzi ezweni lamaKaledi.

[26]Yihlaseleni iBhabheli, nivela macala onke. Zivuleni izisele zayo, nizifumbe izidumbu zibe ngathi ziimfumba zombona. Ewe, tshabalalisani ngokupheleleyo, kungabikho masalela.

[27]Zigwazeni zonke iinkokheli zayo; mazibe ngathi ziinkunzi ezixhelwayo. Yeha ke, bona! Imini yabo ifikile; ixesha labo lokohlwaywa ligalelekile.

[28]Phulaphulani! Ababalekileyo basinda ezweni laseBhabheli bayathetha eZiyon; babhengeza impindezelo kaNdikhoyo uThixo wethu, nditsho ukuziphindezela kwakhe ngenxa yendlu yakhe.

[29]"Bahlabeleni umkhosi abatoli, beze eBhabheli, bona bonke abatyeda isaphetha.

seu redor, ninguém escape dela. Retribuí-lhe de acordo com a sua obra; fazei a ela o mesmo que fez aos outros; porque agiu com arrogância contra a pessoa de Yahweh, contra o Eterno, o Santíssimo de Israel.

30 Por isso, os seus jovens tombarão nas ruas e todos os seus guerreiros se calarão naquele terrível Dia da Vingança!" adverte o SENHOR.

31 "Vê! Eis que me disponho contra ti, ó nação insolente!", afirma o Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos, "porquanto chegou o seu Dia, a exata hora de ser castigada!

32 A arrogância e todo petulante tropeçará e cairá, e ninguém os ajudarão a se levantar. Incendiarei as cidades da Babilônia, e um grande fogo consumirá tudo ao seu redor!"

33 Assim revela o Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos: "Os filhos de Israel estão sendo oprimidos, do mesmo modo que todo o povo de Judá. Todos aqueles que os levaram cativos os mantêm presos e recusam-se a libertá-los.

34 Mas o seu Redentor é poderoso. O seu Nome é Yahweh dos Exércitos! Com toda certeza ele defenderá em juízo a causa deles, para dar paz e descanso à terra, mas grande preocupação aos moradores da Babilônia.

35 Eis que a espada da guerra virá sobre os babilônios!", afirma Yahweh; "contra todos os cidadãos da Babilônia e, principalmente, contra seus líderes, governantes e sábios!

36 Uma espada contra os teus falsos profetas! Eles se tornarão bravateiros; homens tolos. Uma espada contra os teus

Yingqingeni macala onke, kungabikho bani uphuncukayo. Yibuyekezeni ngokwezenzo zayo; yenza kuyo njengoko yona yenze kwabanye. Kaloku imdelile uNdikhoyo uYedwa kaSirayeli.

30Ke ngoko amadodana ayo aya kuwa ezitalatweni, amajoni ayo aphele loo mini." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

31"Uyabona, ndikuchasile, ntondini izidlayo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo iNkosi enamandla onke. "Ifikile imini yakho; ligalelekile ixesha lakho lokohlwaywa.

32Lo uzidlayo uza kukhubeka awe, kungabikho bani umvusayo. Ndiza kuphemba umlilo ezidolophini zakhe, utshise bonke abamngqongileyo."

33Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Aphantsi kwengcinezelo amaSirayeli, kwanamaJuda ngokunjalo. Avalelwe ngabo bantu athinjwe ngabo; abavumi ukuwandulula.

34Kambe uMkhululi wawo womelele; nditsho lo ugama linguNdikhoyo onamandla onke. Uya kuwalamlela kwabo bawachasayo, alinike inzolo ilizwe lawo, abagungqise abemi baseBhabheli.

35"Ikrele maliwafikele amaKaledi nabemi baseBhabheli, bekunye neziphathamandla nezilumko zayo." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

36"Ikrele malibafikele oosiyazi bayo, basuke babe ziziyatha. Ikrele maliwafikele amagorha, asuke abe ngamagwala.

guerreiros! Eis que eles ficarão sobremodo apavorados!

37 Uma espada contra os teus vigorosos cavalos de guerra e contra todos os estrangeiros mercenários que militam em tuas fileiras! Eis que eles se comportarão como mulheres indefesas! Uma espada contra as tuas riquezas! Eis que elas serão saqueadas.

37Ikrele maliwafikele amahashe neenqwelo, kwanawo onke amajoni engqesho ayo, asuke abe njengabafazi. Ikrele malibufikele ubuncwane bayo, busuke buphangwe.

38 Uma espada contra as suas águas potáveis! Eis que todas secarão. Porquanto a Babilônia é uma terra idólatra; cuja devoção às imagens esculpidas tem iludido toda a sua gente.

38Ukubalela makuwafikele amanzi ayo, asuke atshe. Kuba kaloku ililizwe lemifanekiso yezithixo, izithixo eziya kutsho zigeziswe kukothuka.

39 Por este motivo, criaturas do deserto e hienas farão suas moradas na Babilônia. Ela jamais voltará a ser povoada nem haverá quem nela viva no futuro.

39“Ke ngoko iBhabheli iya kuba sisikhundla seengcuka noodyakalashe, ibe yindawo ehlala iinciniba. Ayisoze iphinde imiwe bantu, ingahlalwa bani izizukulwana ngezizukulwana.

40 Do mesmo modo como Deus arrasou Sodoma e Gomorra e as cidades vizinhas”, assegura Yahweh, “ninguém mais habitará na Babilônia; eis que nenhum ser humano residirá nela!

40Njengoko uThixo wazibhukuqayo iSodom neGomora kwakunye needolophu ezingqongileyo, kwangokunjalo akuyi kuhlala bani, kungayi kuphambukela mntu khona.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

41 Vede, pois, todos! Eis que um povo vindo do Norte; uma grande nação e muitos reis se mobilizaram desde os confins da terra!

41“Niyabona, kuza abantu, bevela entla; uhlanga olukhulu nookumkani abaninzi bayaxhokonkxwa, bevela eziphelweni zehlabathi.

42 Eles empunham o arco e a lança; são cruéis e não têm a menor compaixão; o ruído de sua marcha decidida é semelhante ao bramido do mar. Vêm montados em seus vigorosos cavalos de guerra, em formação de batalha, prontos para atacá-la, ó filha, cidade, de Babilônia!

42Baxhobe izaphetha nemikhonto; bazizikhohlakali ezingenamfesane. Isingqi sokufika kwabo bekhwele amahashe kunga kukugquma kolwandle. Baxhobe baf' amacala, khon' ukuze bahlasele wena, ntombindini Bhabheli.

43 Quando o rei a Babilônia ouviu os relatórios sobre eles, as suas mãos tremeram

43Ukumkani waseBhabheli uve iindaba ngabo, zangenwa ngumkhinkqi iingalo,

e perderam a força. Uma terrível e profunda angústia tomou conta dele e sentiu fortes dores, como as de uma mulher em trabalho de parto.

lwangongoza uvalo oku komfazi olunywayo.

[44] Um inimigo subirá como leão das margens do Jordão contra a fortaleza. Mas, subitamente, o farei correr dali e colocarei sobre ela quem Eu mesmo escolher. Pois, afinal, quem é semelhante à minha pessoa? Quem pode me determinar datas? Quem é o pastor que me poderá desafiar ou resistir?

[44]Niyabona, njengengonyama ephuma kwiintshinyela zamatyholo eJordan, iye emadlelweni ahlala eyokozela, kuya kuba njalo ukuyigxotha kwam ngephanyazo kwelakowayo iBhabheli. Ngubani na onyuliweyo nendiya kumalatha ukuze andenzele oku? Kakade ngubani onjengam onokumelana nam, ingubani umalusi onokuxaba endleleni yam?"

[45] Concluindo, pois, ouvi o que Yahweh preparou contra a Babilônia e o propósito que estabeleceu contra a terra dos babilônios: certamente eles, os menores do rebanho, crianças e idosos, serão arrastados; certamente por causa deles suas pastagens ficarão arrasadas.

[45]Ke ngoko liveni icebo likaNdikhoyo alicebileyo ngeBhabheli, izigqibo zakhe agqibe ngazo ngokubhekisele kwilizwe lamaKaledi. Inene, namatakane aya kuqwengwa, umhlambi uthi khumnqa ngenxa yawo.

[46] A terra estremece diante do estrondo da invasão da Babilônia; ouve-se o seu grito e o seu clamor entre as nações!

[46]Ihlabathi liya kunyikima sisithonga sokuthinjwa kweBhabheli, isikhalo sayo sivakale ezintlangeni.

Jeremias 51

[1] Assim diz Yahweh, o SENHOR: "Vede! Eis que farei levantar uma ventania arrasadora que se abaterá contra a Babilônia, contra o povo de Lebe-Camai, Caldeia.

[2] Eis que mandarei estrangeiros a Babilônia com o propósito de peneirá-la como trigo e arruinar toda a sua terra. No dia do seu desfavor virão exércitos e a atacarão de todos os lados.

[3] Que o flecheiro não arme o seu arco nem vista a sua armadura. Não poupeis os seus

UJeremiya 51

[1]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Niyabona, iBhabheli nabemi beLebhe-kamayi ndibazisela umoya otshabalalisayo.

[2]Ndiya kuthumela eBhabheli abantu bokwela abaya kuyivuthulula baliphanzise ilizwe layo. Baya kuyifikela macala onke ngomhla wentlekele.

[3]Umtyedi wesaphetha akayi kuba nako ukudubula ngetolo, angabi naxesha lakuqhayisa ngezambatho zokuzikhusela.

jovens guerreiros; exterminai completamente o seu exército.

Musani ukuwayeka asinde amadodana ayo; wutshabalalise ngokupheleleyo umkhosi wayo.

4 Caiam, pois, mortos sobre o solo dos caldeus; mortalmente feridos permaneçam estirados nas ruas.

4Baya kuwa, bebulewe ezweni lamaKaledi, begwazwe ezitalatweni.

5 Porquanto Israel e Judá não enviuvaram do seu Deus, do Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos; mas a terra dos babilônios está repleta de culpas perante o Santíssimo de Israel.

5Kuba kaloku uSirayeli noJuda abazange bafane nabahlolokazi – abazange bangabi naye uThixo wabo, uNdikhoyo onamandla onke, naxa balizalisayo ilizwe labo lityala lokona onguYedwa kaSirayeli.

6 Fugi do meio da Babilônia e cada um salve a sua vida; não pereçais na sua malignidade; porque esse é o tempo da Vingança de Yahweh: ele lhe retribuirá conforme o seu merecimento.

6“Balekani niphume eBhabheli, elowo asindise ubomi bakhe! Musan' ukwenzakaliswa ngenxa yobugwenxa bayo. Eli lixesha lempindezelo kaNdikhoyo; uza kuyibuyekeza ngokwezenzo zayo.

7 A Babilônia era como um copo de ouro na mão do SENHOR; ela embriagou toda a terra; do seu vinho beberam as nações, e por esse motivo perderam o bom senso e tornaram-se loucas.

7IBhabheli ibiyindebe yegolide esandleni sikaNdikhoyo; indebe enxilise lonke ihlabathi. Iintlanga zasela ewayinini yayo, zasuka zageziswa yiyo.

8 De um momento para outro caiu a Babilônia e ficou completamente arruinada; lamentai por ela. Buscai o melhor bálsamo para a sua ferida; talvez ela ainda possa ser curada.

8IBhabheli iza kuwa ngequbuliso yaphuke; bhombolozani ngenxa yayo. Wafuneleni amafutha aqholiweyo amanxeba ayo; mhlawumbi anganyangeka.

9 Nosso grande desejo era ter curado Babilônia, todavia ela não pode ser curada; deixai-a, pois, e cada um vá para a sua terra; porquanto o seu juízo chega até o céu e se eleva até às mais altas nuvens.

9“Kothiwa: ‘Siba ngayinyanga iBhabheli, ayiphili. Masiyishiye, elowo ahambe aye ezweni lakowabo, kuba ityala layo logwetywa emazulwini, liphakame laya kutsho phezulu.

10 Yahweh trouxe a nossa justiça à luz; vinde, pois, e anunciemos em Sião a obra do SENHOR, nosso Deus.

10UNdikhoyo usigwebele, wabubhengeza ubulungisa bethu. Yizani siyibalise eZiyon imisebenzi kaNdikhoyo uThixo wethu.’

11 Afiai bem vossas flechas! Preparai os escudos! Eis que Yahweh despertou o espírito dos reis medos; porque o seu intento

11“Ziloleni iintolo; qulani amakhaka! UNdikhoyo uxhokonkxe ookumkani bamaMedi, kuba unenjongo yokuba

contra a Babilônia é destruí-la totalmente; afinal, esta é a Vingança do SENHOR, a vingança do seu templo.

[12] Erguei, portanto, o estandarte de guerra; o sinal para atacar as muralhas da Babilônia! Reforçai a guarda! Posicionai as sentinelas! Preparai as ciladas de guerra! Eis que o Eterno executará cabalmente o seu plano, o que advertiu todos os habitantes da Babilônia que faria!

[13] Ó tu que vives junto a muitas águas e está rica de tesouros; eis que teu fim é chegado, a hora em que serás exterminado.

[14] O Eterno Todo-Poderoso dos Exércitos jurou por si mesmo: Com certeza a encherei de homens, como um enxame de gafanhotos e eles gritarão triunfantes sobre ti!

[15] Ora, foi Deus quem criou e formou a terra mediante o seu poder; estabeleceu o mundo todo com a sua sabedoria e estendeu os céus com o seu supremo entendimento.

[16] Sob o poderoso som dos seus trovões, as águas no céu rugem; ele faz com as nuvens se ergam desde os confins da terra. O Eterno produz relâmpagos para a chuva, e faz com que os ventos se movam a partir de seus depósitos e varram a terra.

[17] Ora, todo ser humano é falto de discernimento e bom senso; absolutamente ignorante. Assim como todo ourives é envergonhado pela própria imagem que esculpiu. Suas imagens entalhadas com arte são enganosas e inanimadas, nelas não há fôlego de vida!

iBhabheli itshatyalaliswe. Yimpindezelo kaNdikhoyo leyo, impindezelo ngenxa yendlu yakhe.

[12]Ziphakamiseleni ibhanile iindonga zeBhabheli, nongeze abalindi. Bathumeni balinde, nilungise nabalaleli. UNdikhoyo uza kuyiphumelelisa injongo yakhe, akwenze oko akuthethileyo ngabemi baseBhabheli.

[13]Wena ohleli ngasemanzini amaninzi, wena obuncwane bungako, sifikile isiphelo sakho, ligalelekile ixesha lokuba usikwe.

[14]UNdikhoyo onamandla onke ufungile, ezifunga ngokwakhe, wathi: 'Ndokutsho uzale ngabantu ngathi ziinkumbi. Iya kuba yimihelele bevuya ngenxa yokoyiswa kwakho.'

[15]"Ngulowenza ihlabathi ngamandla akhe; ngulozinzisa elimiweyo ngobulumko bakhe, waza walitwabulula izulu ngokwengqiqo yakhe.

[16]Akuvakalisa ilizwi lakhe amanzi ayazongoma ezulwini, kufunquke amafu emaphethelweni omhlaba. Uthumela umbane kunye nemvula, athulule umoya koovimba bakhe.

[17]"Bonke ziziyatha ezingenalwazi; ingcibi yegolide iyahlazeka ngenxa yemifanekiso eyiqingqileyo. Imifanekiso yayo eyityhidileyo bubuxoki – kaloku ayinawo umphefumlo.

[18] Sendo assim, tais joias são inúteis; objetos de escárnio! Quando, pois, chegar o Dia do Juízo sobre elas serão aniquiladas.

[19] Não é semelhante a estas aquele que é a Porção de Jacó; porque ele é o criador de tudo o que há, e Israel é a tribo de sua propriedade e herança; Yahweh, SENHOR dos Exércitos é o seu Nome.

[20] Tu, Babilônia, eras meu martelo de guerra,o meu poderoso esmagador nas batalhas; contigo em minhas mãos despedaçarei fortes nações; por teu intermédio destruirei grandes reinos;

[21] contigo farei em pedaços o cavalo vigoroso e seu cavaleiro valente; por teu intermédio despedaçarei a carruagem de guerra e o guerreiro que a conduz corajosamente;

[22] por meio de ti destruirei o homem e a mulher, despedaçarei o velho e o jovem, exterminarei o rapaz e a moça,

[23] contigo despedaço o pastor e o rebanho, por meio de ti esmago o lavrador e os bois, contigo em minhas mãos aniquilarei reis, governadores e oficiais.

[24] Perante vossos olhos atônitos retribuirei à Babilônia e a todos os que vivem nas terras dos babilônios toda a malignidade que cometeram em Sião!", garante Yahweh.

[25] "Eis que estou contra ti, ó montanha destruidora. Tu que destróis a terra inteira!", afirma o SENHOR. "Estenderei meu braço forte contra ti e farei com que te transformes em um monte calcinado!

[18]Ingamampunge – izizinto zokugxekwa; ngemini yomgwebo iya kutshabalala.

[19]Akanjengabo yena uSahlulelo sikaYakobi – kaloku yena nguMbumbi weento zonke, kwanowesizwe ke esililifa lakhe. NguNdikhoyo uSomandla-onke igama lakhe.

[20]"Nguwe, Bhabheli, ibhunguza lam; usisikrweqe sam sokulwa. Ndiya kuzihlekeza ngawe iintlanga, ndizonakalise ngawe izikumkani.

[21]Ngawe ndihlekeza ihashe noqabele kulo; ndihlekeze inqwelo yokulwa nokhwele kuyo.

[22]Ngawe ndihlekeza indoda nomfazi, ndihlekeze ixhego nomfana, nditsho kwaumlisela nomthinjana.

[23]Ngawe ndihlekeza umalusi nomhlambi wakhe, ndihlekeze umlimi nesipani sakhe, nditsho iirhuluneli namagosa azo.

[24]Niya kukubona ukubuyekeza kwam, xa ndibuyekeza iBhabheli nabemi bonke belamaKaledi ngenxa yobubi bonke ababenze kwiZiyon." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[25]"Uyabona, ndikuchasile, ntabandini yokonakalisa, wena olonakalisileyo lonke ihlabathi." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo. "Ndiya kolula isandla sam phezu kwakho, ndikuqengqe uhle emaweni, ndikwenze intaba etshisiweyo.

[26] Nenhuma pedra sua será cortada para servir de pedra angular, nem mesmo para um simples alicerce, porquanto estarás arruinada para sempre." Palavra de Yahweh.

[26]Akukho litye lokwakha ikona eliya kuthathwa kuwe, kungekho litye lasiseko liya kucholwa kuwe, kuba uya kuba yinkangala ngonaphakade." Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[27] Erguei, pois, um estandarte na terra! Fazei soar a plenos pulmões o Shofar, a trombeta, entre todas as nações! Preparai as nações para o grande combate contra a Babilônia! Que sejam convocados e consagrados imediatamente todos estes reinos: Urartu, Ararate, e Miní, Armênia; Ashkenaz, Asquenaz. Nomeia, pois, um oficial escriba, um comandante. Enviai sobre ela cavalos de guerra como um enxame de gafanhotos!

[27]"Phakamisani ibhanile elizweni! Vuthelani ixilongo ezintlangeni, nizigonyele ukulwa neBhabheli. Zihlabeleni umkhosi, zize izikumkani zeArarati, neMini, neAshkenazi. Yalathani injengele yokuhlasela, nithume amahashe ngathi ziinkumbi ezinyakazelayo.

[28] Consagrai contra a Babilônia todas as nações, os reis medos, os seus governadores, todos os seus vice-reis e toda a terra do seu domínio.

[28]Zigonyeleni ukulwa neBhabheli iintlanga, nditsho ookumkani bamaMedi, neerhuluneli zabo, kunye nawo onke amaphakathi azo, kwakunye nezizwe zonke ezilawulwa zizo.

[29] Estremece a terra e se contorce em dores, porquanto cada um dos desígnios de Yahweh está firme e decidido contra Babilônia, a fim de fazer da terra dos babilônios um monte de escombros, sem que haja quem possa habitar em tal desolação.

[29]Ihlabathi liyanyikima, liyazibhija-bhija, kuba uNdikhoyo uyaziphumelelisa izigqibo zakhe azigqibe ngeBhabheli. Ilizwe laseBhabheli ulenza libe yinkangala, lingabi samiwa bani.

[30] Os valentes da Babilônia cessaram de pelejar, permaneceram nas fortalezas, desfaleceu-lhes os ânimos e as forças; tornaram-se semelhantes a mulheres; estão em chamas as suas moradas, todas as trancas de seus portões foram arrombadas!

[30]Amagorha aseBhabheli ayekile ukulwa; akasaphumi ezinqabeni. Ubugorha bawo buphelile; basuke baba njengabafazi. Izindlu zazeBhabheli zintunyekwe umlilo; yaphukile imivalo yamasango ayo.

[31] Parte um emissário ao encontro de outro correio; e um mensageiro sai logo após outro entregador de mensagens, com a

[31]Isigidimi sandulela isigidimi, umbiki alandele umbiki, bonke bebikela ukumkani

missão urgente de comunicar ao rei da Babilônia que sua cidade inteira foi incendiada e seus soldados estão absolutamente aterrorizados!”

waseBhabheli ukuba isixeko sakhe sonke sithinjiwe,

32 O inimigo capturou as passagens do rio, ateou fogo à vegetação seca dos pântanos, e os soldados babilônios ficaram aterrorizados.”

32besithi amazibuko avingciwe, iingcongolo ezingasesizibeni somlambo zantunyekwa umlilo, asuka amajoni ankwantya luloyiko.”

33 Assim diz o SENHOR, o Eterno dos Exércitos, Deus de Israel: “A filha, cidade, de Babilônia é como uma eira, terreno limpo onde se pisa o trigo, e a época da colheita logo chegará para ela e seus habitantes!

33Utsho uNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli, ukuthi: “Intombi eyiBhabheli injengebala lokubhulela ngexesha lokugangathwa kwalo; ngexesha elingephi wofika umhla wokuba kuvunelwe kulo.”

34 Nabucodonosor, rei da Babilônia, nos devorou, esmagou-nos e fez de nós um objeto desprezível; como um monstro marinho, nos tragou, encheu a sua barriga com nossos mantimentos e comidas finas e então nos vomitou!

34“Usidlile uNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli; usimfimfithe wasishiya sisisitya esize. Usiginye njengengwenya, izimuncu-muncu zethu wazenza ukutya kwakhe, waza wasenza into yokuxukuxa.

35 Que toda a violência cometida contra nós e nossos filhos seja cobrada da Babilônia!”, exclamam os cidadãos de Sião. “Que o nosso sangue esteja sobre aqueles que moram na Babilônia!”, brada Jerusalém.

35Ugonyamelo esiluve emizimbeni yethu malubuyekezwe kwiBhabheli,” batsho abemi beZiyon. “Igazi lethu malibizwe kubemi belamaKaledi,” itsho iJerusalem.

36 Pelo que assim declara Yahweh a Jerusalém: “Eis que defenderei a tua causa e vingarei a tua vingança sobre todas as malignidades que sofreste; secarei o mar da Babilônia e extinguirei suas fontes de água potável!

36Ke ngoko utsho uNdikhoyo ukuthi: “Uyabona, ndiya kukugwebela, ndikuphindezele. Ndiya kulwenza lutshe ulwandle lweBhabheli, utsho wome umthombo wayo.

37 A Babilônia se tornará um amontoado de escombros, um lugar onde apenas os chacais viverão; será objeto de escárnio e horror, uma terra onde ninguém consegue habitar.

37IBhabheli iya kuba linxuwa, ibe sisikhundla soodyakalashe, nento esisothuso nesigculelo, indawo engamiwa bani.

[38] Todo o seu povo ruge como leões novos e urram como os filhotes de felinos.

[39] Entretanto, quando estiverem loucos de fome, Eu mesmo lhes oferecerei um banquete e permitirei que se embriaguem, a fim de que tontos de alegria caiam em um sono do qual jamais acordem.

[40] Eu os conduzirei como cordeiros ao matadouro, como carneiros e bodes.

[41] Do mesmo modo como Sesaque, Babilônia, foi invadida e capturada de surpresa; aniquilada de uma hora para outra toda a glória da terra! Assim a Babilônia se tornará objeto de pavor entre todas as nações!

[42] Eis que o mar se levantará sobre toda a Babilônia; suas grandes ondas agitadas a cobrirão!

[43] Suas cidades ficarão completamente arrasadas, uma terra árida, sem vida e vazia, um lugar onde ninguém consegue habitar.

[44] Eis que castigarei a divindade chamada de Bel na própria Babilônia e retirarei de dentro da sua boca o que ele tragou; nenhuma nação jamais confiará qualquer pedido a Bel. E, então, a muralha da Babilônia cairá!

[45] Saí do meio da Babilônia, ó povo meu! Deixe-a e salve cada um a sua própria vida da inflamada ira de Yahweh!

[46] Não desfaleça o vosso coração, não temais o rumor que se há de ouvir por toda a terra; porquanto acontecerá a partir de um determinado ano que surgirão uma série de

[38]Abantu bayo xa bebonke bagquma njengeengonyama, babharhula njengamathole eengonyamakazi.

[39]Xa bavuka umnyele ndobenzela umgidi, ndibanxilise, badlamke, balale ubuthongo, bangavuki ngonaphakade.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

[40]“Ndiya kubasa ekuxhelweni njengamatakane, njengeenkunzi zeegusha nezeebhokhwe.

[41]“Hayi ukuthinjwa kweSheshaki! Ibhongo lehlabathi lonke libanjiwe. Hayi ukwenziwa isothuso kweBhabheli phakathi kweentlanga!

[42]Ulwandle luya kuyigqumelela iBhabheli, igutyungelwe ngamaza agqumayo.

[43]Iidolophu zayo ziya kukhal' ibhungane, ilizwe libe ngumqwebedu nenkqantosi, ilizwe elingamiwa mntu, ilizwe elingacandwa nangumhambi.

[44]Ndiya kumohlwaya uBhele uthixo weBhabheli, ndimenze akuhlanze oko akuginyileyo. Iintlanga aziyi kuba saxhontelana kuye, nodonga lweBhabheli luya kuwa.

[45]“Phumani kuyo, nina bantu bam, elowo nalowo asindise ubomi bakhe. Kubalekeni ukuvutha komsindo kaNdikhoyo.

[46]Musani ukutyhafa okanye noyike xa nithe neva amarhe elizweni. Amarhe aya kulandelana minyaka le, amarhe

boatos, e no próximo ano, mais balelas e notícias ameaçadoras ocorrerão por toda a terra focos de violência: dominador contra dominador!

ogonyamelo elizweni, amarhe okuvukelana kwabaphetheyo.

47 Portanto, eis que vêm dias em que punirei severamente as imagens de esculturas idolatradas em toda Babilônia, e haverei de humilhar e envergonhar a terra dos babilônios, e todos os seus jazerão traspassados no centro da cidade!

47Inene, iyeza imini yokuba ndizohlwaye izithixo zaseBhabheli. Ilizwe layo lonke liya kuhlaziswa, izidumbu zababuleweyo ziya kuqungquluza phakathi kuyo.

48 Então os céus e a terra, com tudo quanto neles há, se regozijarão por causa do que ocorreu com a Babilônia; pois do Norte exterminadores a atacarão impiedosamente!”, assevera o SENHOR.

48Ngenxa yeBhabheli kuya kumemelela izulu nomhlaba nento yonke ekhoyo phezulu naphantsi. Kaloku iza kuhlaselwa ngababhuqi bevela ngasentla.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

49 Eis que a Babilônia cairá por causa dos assassinatos que cometeu contra Israel e devido aos massacres que empreendeu contra muitos povos em toda terra!

49“IBhabheli iza kuwa ngenxa yababuleweyo bakwaSirayeli, kanye njengokuba ababuleweyo behlabathi lonke bawayo ngenxa yeBhabheli.

50 Vós, que escapastes da espada, ide, pois, depressa! Não permaneçais um só momento! Ide e lembrai-vos com devoção de Yahweh, vosso Deus, em terras distantes; pensai com carinho em Jerusalém.

50Nina nisindileyo ekreleni, yimkani ningaphozisi maseko! Mkhumbuleni uNdikhoyo ezweni elikude, ihlale isezingcingeni zenu iJerusalem.”

51 E havereis de comentar: ‘Estamos envergonhados, pois fomos insultados e desonrados; eis que a humilhação cobriu o nosso rosto, porquanto estrangeiros invadiram os lugares santos do Templo, a Casa do SENHOR.’

51“Sihlazekile, kuba sive ingcikivo; ihlazo ligubungele ubuso bethu. Kaloku iintlanga zingene ezindaweni ezingcwele zendlu kaNdikhoyo.”

52 Portanto, dias virão”, declara Yahweh, “quando castigarei seus ídolos feitos em imagens de escultura; e por toda a tua terra os muitos feridos gemerão.

52“Kambe iyeza imihla endiya kuyohlwaya imifanekiso eqingqiweyo, bancwine ezweni lonke laseBhabheli abangxwelerhekileyo.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

53 Ainda que a Babilônia subisse ao céu, e ainda que a parte elevada de sua fortaleza fosse reforçada, assim mesmo

53“Nokuba iBhabheli ithe yaphakama yaya kufikelela ezulwini, nokuba iyinqaba ephakamileyo neyomeleleyo kangangoko,

exterminadores viriam da minha parte para atacá-la e destruí-la.”, afirma o SENHOR.

54 “Da Babilônia se ouvem gritos, e da terra dos caldeus, um ruído horrível de grande destruição!

55 Porquanto Yahweh está arrasando a Babilônia e silenciando sua arrogante e poderosa voz. Bramam as ondas do inimigo como muitas águas revoltas; ouve-se o alarido de seus exércitos.

56 Afinal, eis que o exterminador veio sobre ela, sobre a grande cidade de Babilônia e seus guerreiros estão cativos; já estão despedaçados todos os seus arcos; pois Yahweh é Deus de retribuição, e ele, de fato, retribuirá perfeitamente!

57 Embebedarei seus príncipes, sábios, governadores, magistrados e todos os seus demais líderes e guerreiros; e cairão em profundo sono, do qual jamais acordarão!”, assegura o Rei, cujo Nome é Eterno dos Exércitos.

58 Concluindo, assim diz Yahweh dos Exércitos: “O muro largo da Babilônia está no chão: absolutamente caído! E todos os seus altos portões serão incendiados; os povos trabalharão em vão, e as nações se fatigarão produzindo apenas mais combustível para as chamas!”

59 Esta é, pois, a Palavra que o profeta Jeremias comunicou a Seraías, filho de Nerias, filho de Maseias, quando ia com Zedequias, rei de Judá, para a Babilônia, no quarto ano do seu reinado. Seraías era o responsável pelo acampamento.

ndiya kuyithumela umbhukuqi.” Lowo ngumlomo kaNdikhoyo.

54“Phulaphulani! Kuvakala isikhalo eBhabheli, isandi sobhukuqo olukhulu ezweni lamaKaledi,

55kuba uNdikhoyo uyayibhukuqa iBhabheli, uyayiphelisa ingxokozelo yayo enkulu. Iintshaba ziya kugaleleka ngathi ngamaza amakhulu elwandle; kuya kuvakala isandi sengxolo yazo.

56IBhabheli iya kufikelwa ngumbhukuqi, abanjwe amagorha ayo, ziqhawulwe izaphetha zawo. Kaloku nguThixo wempindezelo uNdikhoyo; yena ubuyekeza ngokupheleleyo.

57Ndiya kuzinxilisa iziphathamandla nezilumko zayo, kwakunye neerhuluneli namagosa namagorha ayo. Baya kulala ubuthongo, bangavuki ngonaphakade.” Lowo ngumlomo weKumkani egama linguNdikhoyo uSomandla-onke.

58Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: “Luya kudilizwa ngokupheleleyo udonga lweBhabheli nangona lubanzi lunjalo. Amasango ayo aphakamileyo aya kutshiswa ngomlilo. Izizwe zifumane zabulaleka; imigudu yeentlanga ziinkuni zomlilo.”

Ukuthunywa kukaSeraya

59Nali ilizwi umshumayeli uJeremiya awamwisela umthetho ngalo uSeraya, uNyana keNeriya, unyana kaMaseya, xa wayesiya eBhabheli kunye noZedekiya ukumkani wakwaJuda ngonyaka wesine wolawulo lwakhe. USeraya lo

wayengumphathiswa wokulungiselela iindawo zokuphumla abahambi.

[60] Então Jeremias escreveu em um sêfer, rolo-livro, todas as calamidades que haviam de sobrevir à Babilônia, a saber, tudo quanto foi registrado em relação ao povo babilônio e suas terras.

[60]UJeremiya wabubhala encwadini enye bonke ububi obuya kuyifikela iBhabheli (konke okusekubhaliwe malunga neBhabheli)

[61] E Jeremias recomendou a Seraías: "Quando chegares à Babilônia, cuida, pois, para que leias em voz alta todas estas palavras diante do povo!

[61]waza wathi kuSeraya: "Wakufika eBhabheli nakanjani na uze uwafunde ngokuvakalayo onke la mazwi.

[62] E dirás assim: 'Ó Yahweh, prometeste que destruirias este lugar, para que nem ser humano nem animal consiga nele viver, pois se tornaria em ruínas e destroços para sempre!'

[62]Uze uthi: 'Ndikhoyo, uthethile ngale ndawo, usithi uza kuyitshabalalisa, ingabi samiwa mntu, kungabi sabakho namfuyo kuyo, koko ibe ngamanxuwa ngonaphakade.'

[63] Quando acabares de ler o livro, atá-lo-ás a uma pedra e o lançarás na direção do meio do rio Eufrates;

[63]"Xa ugqibile ukuyifunda le ncwadi, uzubophelele ilitye kuyo, uyiphose esazulwini somlambo iEfrati,

[64] e dirás: Deste mesmo modo como vistes afundar o livro, Babilônia igualmente será submergida, e jamais conseguirá se levantar, por causa da desgraça que Eu trarei sobre ela. E todos os seus habitantes muito sofrerão!"

[64]uthi: 'Iya kwenjenje iBhabheli ukutshona, ingaphinde iphume, ngenxa yobubi mna Ndikhoyo endiya kuyihlisela bona. Abemi bayo bafumene babulaleka ilize.' " Aphela apha amazwi kaJeremiya.

Jeremias 52

O cerco, tomada e destruição de Jerusalém

[1] Tsidkiáku, Zedequias tinha vinte e um anos quando foi aclamado rei e governou durante onze anos em Jerusalém. O nome de sua mãe era Hamital bat Irmiáhu, de Livná; Hamutal filha de Jeremias. Este Jeremias era cidadão de Libna.

[2] Mas, Zedequias, agiu de modo reprovável em relação à Palavra do SENHOR, do

UJeremiya 52

Ukuwa kweJerusalem
(2 Kum 24:18 – 25:7)

[1]Ukuqala kwakhe ukulawula uZedekiya wayeneminyaka emashumi mabini ananye, waza ke walawula eJerusalem iminyaka elishumi elinanye. Unina yayinguHamutali intombi kaJeremiya waseLibhena.

[2]KwanjengoJoyakim naye wenza ububi emehlweni kaNdikhoyo.

mesmo modo como procedeu Iehoiakim, Jeoaquim.

[3] A ira de Yahweh havia, então, sido insistentemente provocada em toda Jerusalém e Judá, de tal maneira que ele teve que castigá-los, afastando-os da sua presença e enviando-os ao exílio.

[3]Kungenxa yengqumbo kaNdikhoyo ukuba uJuda neJerusalem bahlelwe yile ntlekele, bade ekugqibeleni ke bagxothwa phambi kwakhe. UZedekiya ke wavukelana nokumkani waseBhabheli.

[4] No nono ano do seu reinado, no décimo dia do décimo mês, Nabucodonosor, rei da Babilônia, e todo o seu exército atacaram violentamente a cidade de Jerusalém; sitiaram-na e ergueram muralhas de ataque ao seu redor.

[4]Ngoko ke kwathi kunyaka wethoba wolawulo lukaZedekiya, ngomhla weshumi wenyanga yeshumi, ukumkani waseBhabheli uNebhukadenezare wagaleleka eJerusalem nomkhosi wakhe uphela. Bamisa ngaphandle kwesixeko, basakhela iindonga zokuhlasela.

[5] Deste modo a cidade ficou totalmente cercada até o décimo primeiro ano do rei Zedequias.

[5]Sahlala singqingiwe njalo ke isixeko eso yada yangunyaka weshumi elinanye kakumkani uZedekiya.

[6] Então, quando chegou o nono dia do quarto mês o estado de fome entre o povo era desesperador, pois já não havia absolutamente nada que pudesse servir de alimento.

[6]Kwathi ngomhla wethoba kwinyanga yesine yabe indlala iqatsele apho esixekweni, kangangokuba abantu baphelelwa kukutya.

[7] E aconteceu que uma brecha no muro da cidade foi aberta pelo inimigo. O rei e todos os soldados fugiram, abandonando a cidade durante a noite, caminhando na direção do jardim real, pela porta que fica entre os dois muros, embora os babilônios estivessem cuidadosamente cercando toda a cidade. Foram para Arabá, o vale do Jordão.

[7]Ke kaloku amaKaledi alugqobhoza udonga lwesixeko, waza umkhosi wonke waseJerusalem wasaba ngobusuku, wemka ngendlela edlula ngasemyezweni kakumkani, waphuma ngesango eliphahlwe ziindonga, wabalekela entilini yeJordan. Ngelo xesha amaKaledi ayesasingqingile isixeko.

[8] Contudo, os babilônios os perseguiram e alcançaram o rei Zedequias na planície de Jericó. Todos os seus guerreiros, apavorados, se separaram dele e se dispersaram.

[8]Kambe ke umkhosi wamaKaledi wasukelisa, waza wamfumana uZedekiya nomkhosi wakhe wonke xa wayesesentilini yaseJeriko. Wahlukaniswa nomkhosi lowo, wona wasarhaka,

[9] E, Zedequias, foi capturado e levado perante o rei da Babilônia em Rivlá, Ribla,

[9]waza yena wabanjwa. Wathathwa wasiwa kukumkani waseBhabheli eRibhela ezweni

nas terras de Hamát, Hamate, que o sentenciou.

[10] Em Ribla, o rei da Babilônia mandou executar os filhos de Zedequias diante de seus olhos, e, da mesma forma, matou todos os nobres e chefes de Judá.

[11] Em seguida, cegou os olhos do rei Zedequias e o acorrentou; então o rei babilônio o conduziu para a Babilônia e o manteve cativo até o dia da sua morte.

[12] No décimo dia do quinto mês, no décimo nono ano do rei Nabucodonosor, rei da Babilônia, um homem chamado Nebuzaradã, comandante da guarda imperial, que servia o rei da Babilônia invadiu Jerusalém.

[13] Ele incendiou a Casa de Yahweh, o Templo do SENHOR, e o palácio real, como também todas as casas de Jerusalém; incluindo edifícios públicos e as belas casas de pessoas importantes na cidade.

[14] E o exército babilônio, sob o comando desse capitão da guarda imperial, colocou a baixo todos os muros em torno de Jerusalém.

[15] Nebuzaradã expatriou para a Babilônia, como cativos, alguns dos mais pobres e o povo que restou na cidade, juntamente com o restante dos artesãos, outros operários, e aqueles que, previamente, haviam passado para o lado do rei da Babilônia.

[16] Contudo, Nebuzaradã deixou para trás o restante dos mais pobres e insignificantes da

laseHamati, owathi yena walithetha ityala lakhe wamgweba.

[10]Apho eRibhela ukumkani waseBhabheli wababulala oonyana bakaZedekiya ekhangele, wazibulala nazo zonke iziphathamandla zakwaJuda.

[11]Yena uZedekiya wamtyhaphaza amehlo, waza wamkhonkxa ngamatyathanga obhedu, ukuze asiwe eBhabheli, wamfaka entolongweni kwada kwayimini yokufa kwakhe.

Ukubhukuqwa kweJerusalem
(2 Kum 25:8-17)

[12]Ke kaloku kwathi, ngomhla weshumi wenyanga yesihlanu kunyaka weshumi elinethoba kakumkani waseBhabheli uNebhukadenezare, ingqwayi-ngqwayi yabalindi uNebhuzaradan, eyayiliphakathi likakumkani waseBhabheli, yagaleleka eJerusalem.

[13]Indlu kaNdikhoyo wayintumeka umlilo, yatsha kunye nebhotwe ngokwalo, nazo zonke izindlu zaseJerusalem. Zonke izakhiwo ezibalulekileyo wazitshisa.

[14]Wonke loo mkhosi waseBhabheli phantsi kwaloo ngqwayi-ngqwayi yabalindi basebhotwe wazidiliza zonke iindonga ezazijikeleze iJerusalem.

[15]UNebhuzaradan lowo wababamba wabathimba abathile kubantu abangamahlwempu nabantu ababengamasalela apho esixekweni, ndawonye namagcisa kwakunye nâbo babesebezinikezele kumaBhabheli.

[16]Kambe ke ingqwayi-ngqwayi leyo yabashiya abanye abantu

terra para viverem trabalhando como lavradores em suas vinhas e campos.

abangamahlwempu, ukuze basebenze amasimi nezidiliya.

[17] Os babilônios fizeram em pedaços as notáveis colunas de bronze, os estrados móveis e o mar de bronze, o grande tanque, que ficavam no Templo do SENHOR e saquearam todo o bronze e o transportaram para a Babilônia.

[17]AmaBhabheli azaphula iintsika zobhedu, kwakunye neenqwelana, nechibi lobhedu, zinto ezo zazisendlwini kaNdikhoyo, aza aluthatha lona ubhedu olo, aya nalo eBhabheli.

[18] Da mesma maneira levaram para sua pátria as panelas, pás, tesouras de pavio, bacias de aspersão, tigelas e todos os utensílios sagrados da Casa de Yahweh.

[18]Azithatha neembiza, iifotsholo, izikhwezeli-zibane, nezitya zokufefa, namacephe, nazo zonke izinto ezenziwe ngobhedu ezazisetyenziswa apho endlwini kaThixo.

[19] O comandante da guarda imperial levou embora consigo os copos, os pratos para carregar brasas, as demais bacias, todas as vasilhas pequenas, os candelabros, as vasilhas para recolher cinza e as de queimar incenso, as tigelas para recolhimento do sangue dos sacrifícios e até as colheres. Todos os objetos de arte e demais utensílios feitos de ouro, ele os levou apenas por seu peso em ouro; e o que era de prata, simplesmente como prata.

[19]Ewe, ingqwayi-ngqwayi leyo yazithatha iingcedevu, neepani zesiqhumiso, nezitya zokufefa, neembiza, neziphatho zezibane, namacephe, namathunga asetyenziswa kwiminikelo ethululwayo, kwakunye nayo yonke into eyayenziwe ngegolide engcwengekileyo okanye isiliva engcwengekileyo.

[20] Quanto às duas colunas, ao tanque e aos doze bois de bronze que estavam debaixo de suas bases, que o rei Salomão mandara construir para a Casa de Yahweh, o peso e o valor do bronze de todos esses objetos eram inestimáveis.

[20]Ubhedu olwafumaneka kwezo ntsika zimbini, kwelo chibi, kuloo mifanekiso ilishumi elinambini leenkunzi zeenkomo elalimi phezu kwazo, nakwezo nqwelo – zinto ezo ezazenzelwe indlu kaNdikhoyo nguSolomon – lwalungenamlinganiso ngenxa yobuninzi.

[21] A altura de cada uma dessas colunas era de oito metros e dez centímetros de altura e cinco metros e quarenta centímetros de circunferência; cada uma tinha quatro dedos de espessura e era oca.

[21]Intsika nganye kwezo zimbini zobhedu yayiziimitha ezisibhozo ukuphakama, iziimitha ezintlanu ezinesiqingatha ukuyithandela. Yayakhiwe ngobhedu oluyiminwe emine ububanzi, iliholoholo.

[22] E havia sobre ela um capitel, um remate de bronze; e a altura de cada capitel era de dois metros e vinte e cinco centímetros de altura e era ornamentado com uma peça entrelaçada, adornada com esculturas em forma de romãs de bronze em volta; tudo feito com o bronze da melhor qualidade. A outra coluna, com suas romãs, era igual.

[23] E podia se contar noventa e seis romãs nos lados; as romãs todas, sobre a rede ao redor, somavam um total de cem unidades.

[24] Então, o capitão da guarda tomou como prisioneiros Seraías, o sumo sacerdote; Sofonias, o sacerdote adjunto, e os três oficias e guardas de honra das portas do Templo.

[25] Dos que ainda estavam na cidade tomou o oficial maior que tinha todos os guerreiros sob sua responsabilidade e mais sete conselheiros reais que haviam permanecido na cidade; além do chefe dos escrivães do exército, que registrava o povo da terra, e mais sessenta de seus assessores que foram encontrados na cidade.

[26] O capitão e comandante da guarda, Nebuzaradã, prendeu todos eles e os entregou ao rei da Babilônia, em Ribla.

[27] O rei da Babilônia os feriu e os matou em Ribla, nas terras de Hamate. Assim Judá foi para o exílio, longe de sua terra.

[28] Este é o número de prisioneiros que Nabucodonosor expatriou: No sétimo ano, 3.023 judeus;

[22]Intloko nganye elubhedu ibiziimitha ezimbini ezinesithathu ukuphakama. Yayihonjiswe jikelele ngomnatha wobhedu nangeerharnati zobhedu. Ewe, zombini zazifana, nditsho kwaneerharnati ezo.

[23]Bekukho iirharnati ezingamashumi alithoba anesithandathu emacaleni. Ke lona inani leerharnati eziphezu komnatha othandelweyo bezilikhulu zizonke.

Abantu bakwaJuda basiwa eBhabheli

(2 Kum 25:18-21)

[24]Loo ngqwayi-ngqwayi yabalindi yamthimba umbingeleli omkhulu uSeraya, kunye nombingeleli onganeno kwakhe uZefaniya, nabagcini-mnyango abathathu.

[25]Kwabaseleyo apho esixekweni yathatha injengele yomkhosi kunye nesixhenxe samaphakathi akomkhulu abhaqwe esixekweni. Yamthatha nonobhala wenjengele yomkhosi owayeligosa eliyintloko elalatha abomkhosi, kunye nabantu abangamashumi amathandathu ababeselapho esixekweni.

[26]Bonke ke uNebhuzaradan wabathatha waya nabo kukumkani waseBhabheli eRibhela.

[27]Khona apho eRibhela kwelaseHamati ukumkani lowo wathi mababulawe. Ngaloo ndlela ke amaJuda afuduselwa ekuthinjweni, ahlukana nelizwe lakowawo.

[28]Nali ke inani labantu wabafudusayo uNebhukadenezare: Kunyaka wesixhenxe: amaJuda angamawaka amathathu anamashumi amabini anantathu;

[29] no décimo oitavo ano de Nabucodonosor, 832 cidadãos de Jerusalém;

[29]kunyaka weshumi elinesibhozo elawula uNebhukadenezare: abantu abangamakhulu asibhozo anamashumi amathathu anambini ababephuma eJerusalem;

[30] em seu vigésimo terceiro ano, 745 judeus mandados ao cativeiro pelo capitão da guarda imperial Nebuzaradã. E assim, naquela época, ao todo, foram desterrados e levados ao cativeiro: 4.600 judeus.

[30]kunyaka wakhe wamashumi amabini anantathu: amaJuda angamakhulu asixhenxe anamashumi amane anantlanu athinjwe nguNebhuzaradan ingqwayi-ngqwayi yabalindi bakomkhulu. Yayingabantu abangamawaka amane anamakhulu amathandathu bebonke.

Ukukhululwa kukaJoyakin
(2 Kum 25:27-30)

[31] No trigésimo sétimo ano da deportação do rei Iehoiahim ou Yaukin Iahudu, Joaquim de Judá, no ano em que Evil Merodah ou Amel-Marduque, homem do deus Marduque, tornou-se rei da Babilônia; durante o primeiro ano do seu reinado, eis que decidiu libertar Joaquim, rei de Judá e o tirou do cárcere.

[31]Ke kaloku kwathi ngonyaka wamashumi amathathu anesixhenxe wathinjwayo uJoyakin ukumkani wakwaJuda, nyaka lowo waqala ngawo ukulawula uEvili-merodaki ukumkani waseBhabheli, wasuka wamkhulula uJoyakin entolongweni. Loo nto ke yenzeka ngomhla wamashumi mabini anesihlanu kwinyanga yeshumi elinambini.

[32] Em seguida, agiu com misericórdia e, gentilmente, o convidou para ocupar a posição de honra mais elevada dentre todos os demais reis que estavam com ele na Babilônia.

[32]Wathetha naye ngobulali, wamnika isihlalo sembeko esingaphezu kwezo zabanye ookumkani awayenabo apho eBhabheli.

[33] E assim, foi permitido a Joaquim tirar as suas roupas comuns de prisioneiro, e vestir as suas próprias roupas de nobre. E, até o final da vida, fez as suas refeições na companhia do rei.

[33]Ngoko ke uJoyakin wazikhulula iimpahla zasentolongweni, waza wasoloko esesithebeni sokumkani lonke ithuba lobomi bakhe.

[34] O rei da Babilônia concedeu ainda a Joaquim uma pensão diária até o dia de sua morte.

[34]Ukumkani lowo ke wathi rhoqo ukumnika umxhesho uJoyakin, loo nto eyenza imihla ngemihla ngabo bonke ubomi bukaJoyakin.

Lamentações	Izililo

Lamentações 1

A humilhação de Jerusalém. Os pecados e aflições do povo

[1] Echá, Comoestá deserta a grande cidade, anteriormente repleta de pessoas! Como se assemelha a uma mulher que perdeu o seu marido, aquela que antes era considerada por todos a grande nação da terra! A que fora a princesa de todas as províncias, hoje tornou-se uma simples escrava.

[2] Eis que pranteia amargamente durante à noite, suas lágrimas rolam desenfreadas por seu rosto. De todos os seus amantes nenhum ficou para lhe dar consolo. Todos os seus companheiros e amigos a traíram; de repente transformaram-se em seus adversários.

[3] Judá foi levada para o cativeiro e sofrerá a tortura do exílio, a humilhação e a aflição da escravidão, vivendo entre nações estrangeiras sem encontrar a paz de suas terras. Todos os que a perseguiram, de fato, a conseguiram aprisionar em meio ao seu desespero.

[4] Choram as estradas para Sião, porquanto ninguém mais caminha por elas em direção a assembleia solene e às festas fixas. Todas as suas portas estão arrombadas, a cidade vazia e seus sacerdotes em grande lamentação. Suas moças tristes e deprimidas; e toda a cidade sofre de profunda angústia.

[5] Seus inimigos tornaram-se seus senhores; seus adversários estão satisfeitos; porque Yahweh a afligiu por causa das suas muitas e repetidas transgressões; seus filhinhos

Izililo 1

Umvandedwa weJerusalem

[1]Awu! Kusisizungu kwisixeko ebesifudula sinenyambalala yabantu, nqwa nomhlolokazi obesakuba nodumo ezizweni. Lowo wayeyikumkanikazi yamazwana suka waba likhobokazana ngoku.

[2]Uyangqukruleka elila ebusuku, izidlele zakhe zisihla iinyembezi. Kuzo zonke izithandwa zakhe akukho simthuthuzelayo; bonke abahlobo bakhe bamngcatshile, suka baziintshaba zakhe.

[3]UJuda uye ekuthinjweni, weva iinkxwaleko nokusebenza nzima. Uhleli phakathi kweentlanga; akakufumani ukuphumla. Bamfumene bonke abamsukelayo, bamxina macala onke.

[4]Zizilile iindlela ezibheka eZiyon, kuba akukho mntu uzayo kwimisitho yakhe. Asebugxwayibeni amasango akhe; ababingeleli bakhe babandezelekile; lusizi lodwa kumthinjana, ke yena usentlungwini ekrakra.

[5]Ababandezeli bakhe basuke baba ziinkosi zakhe; iintshaba zakhe azinaxhala. Ubekwe elusizini nguNdikhoyo ngenxa yezikreqo

marcharam para o exílio sob as correntes dos adversários.

[6] Toda a beleza e esplendor desapareceu da face da filha, cidade, de Sião. Seus líderes são como corças que não encontram pastagem; e conseguem apenas caminhar logo adiante do perseguidor.

[7] Agora, pois, no dia da sua aflição e desterro, eis que Jerusalém se recorda de todas as riquezas que possuiu desde a antiguidade. Quando o seu povo caiu nas mãos do inimigo, ninguém foi capaz de socorrê-la; ora, os adversários a contemplaram e escarneceram da sua derrota.

[8] Jerusalém cometeu vários e graves pecados; por esta razão tornou-se impura; todos os que a honravam passaram agora a desprezá-la, porquanto viram a sua nudez; ela mesma lamenta, e envergonhada se retira.

[9] Sua impureza é como mancha em suas saias; ela não podia imaginar que chegaria o dia do seu fim. Sua queda ocorreu de modo surpreendente e ninguém dela se compadeceu, nem procurou ajudá-la. “Contempla, ó SENHOR, a minha aflição, porquanto, eis que o inimigo levou vantagem sobre mim!”

[10] O adversário saqueia todas as suas riquezas; ela testemunhou muitas nações pagãs invadirem o teu Santuário, o Templo, sendo que tu as tinha proibido de fazê-lo, e nem mesmo que pertencessem à tua Congregação.

[11] Toda a sua população caminha gemendo e se lamentando enquanto sai à procura de

zakhe ezininzi. Abantwana bemkile ezweni labo, bangabathinjwa beentshaba.

[6]Buphele tu ubungangamsha bentombi enguZiyon. Iziphathamandla zayo zinjengeenyamakazi ezingenadlelo; zibuthathaka zinjalo ziyasaba, zibaleka abasukeli.

[7]Ngemihla yayo yenkxwaleko nokubhadula iJerusalem iyabukhumbula bonke ubuncwane bayo bamandulo. Akubangakho mntu wakuyinceda xa abantu bayo babesoyiswa lutshaba. Iintshaba zayo zayiwa ngeentsini zakubona isiphelo sayo.

[8]IJerusalem yone kakhulu, yaza ke ngoko yaba nomlaza. Bonke ababefudula beyihlonele basuke bayidela, kuba bebubonile ubuze bayo. Nayo itsho ngencwina, ide izifihle ubuso.

[9]Ukungcola kwayo kunamathele kwizivatho zayo; ayilikhumbulelanga ikamva layo, kwaza kwakhwankqisa ukuwa kwayo. Akubangakho namnye uyithuthuzelayo. Ithi: “Awu, Ndikhoyo, bona iimbandezelo zam; kuba kaloku utshaba luyazigwagwisa.”

[10]Iintshaba zayo zibuphangile boke ubuncwane bayo; zangena ijongile iintlanga kweyona ndawo ingcwele – abantu ongabavumelanga, Ndikhoyo, ukuba bangene ebandleni lakho.

[11]Abantu bayo bonke batsho ngencwina xeshikweni behamba befuna ukutya;

alimento; já entregou todos os seus bens e tesouros em troca de mantimentos a fim de que tenha forças para sobreviver. “Contempla, pois, ó Yahweh, a minha situação, porquanto estou desamparada!

[12] Vós que passais por mim pela estrada, não vos comoveis? Olhai, pois, e vede se há algum sofrimento maior do que este que me foi imposto, e que Yahweh mandou sobre mim no dia em que se inflamou a sua ira!

[13] Do alto fez cair um fogo de tal ordem que penetra os meus ossos e toma conta de todo o meu corpo. Armou uma rede a fim de enlaçar meus pés e me derrubou de costas. Deixou-me arrasada e desfalecida o dia todo.

[14] Todo o jugo das minhas culpas e transgressões foi atado em um só feixe; todos os meus pecados foram entretecidos e amarrados no meu pescoço pela sua mão; o SENHOR abateu a minha força. Ele próprio entregou-me àqueles que não tenho a capacidade de vencer por mim mesmo.

[15] O Eterno dispersou todos os guerreiros que estavam a meu serviço; convocou um poderoso exército contra mim com a finalidade de dar cabo de todos os meus jovens; o Todo-Poderoso pisou o meu povo santo, a sua virgem: a cidade de Judá, como quem esmaga as uvas para fazer vinho.

[16] É por este motivo que estou em prantos, e as muitas lágrimas transbordam dos meus olhos e tomam conta da minha face. Não há ninguém que esteja próximo para consolar-me; não há uma só pessoa que consiga renovar o meu ânimo e restaurar o meu espírito abatido. Meus filhos estão todos

bancama nempahla yabo yexabiso, befuna ukudla khon' ukuze bahlaziyeke. Ithi: “Awu, Ndikhoyo, khangela ubone, kuba ndingodeliweyo.”

[12]Asilutho na kuni, nonke nina nidlula ngendlela? Khangelani nibone: ikho na intlungu enjengeyam andihlabanisele ngayo uNdikhoyo, intlungu andihlisele yona ngemini yokuvutha komsindo wakhe?

[13]Wathoba umlilo ophuma phezulu, watsho waya kufikelela ezantsi emathanjeni. Uzithiyele ngomgibe iinyawo zam, ndatsho ndabuya umva. Wandenza ndanesizungu, ndatyhafa imini yonke.

[14]Izikreqo zam zibhijelene; ziyidyokhwe isandla sikaNdikhoyo esindibophe ngayo, zihleli zinzi entanyeni yam. INkosi iwaqobile amandla am; indinikezele esandleni sâbo ndingenakumelana nabo.

[15]INkosi izibukule zonke izithwala-ndwe zam; ihlanganise umkhosi ukuze ucumze umlisela wakowethu. INkosi iyinyhashe esixovululweni intombi enguJuda.

[16]Kungoko ndisenza isimbonono, amehlo am ephalala iinyembezi. Akukho bani ukufuphi kum ukundithuthuzela; akukho mntu uhlaziya umoya wam. Abantwana bam baphalele kuba utshaba loyisile.

desamparados porque o inimigo prevaleceu sobre nós!"

17 Sião estende as mãos suplicantes. Não há quem a console; Yahweh ordenou que os vizinhos de Jacó se tornassem seus adversários; Jerusalém se tornou execrável, anátema, entre todos eles.

17IZiyon iyazolula izandla zayo, kodwa ayinamthuthuzeli. UNdikhoyo wawenza umyalelo ngoYakobi wokuba abamelwane bakhe babe ziintshaba zakhe; kubo iJerusalem yinto enezothe.

18 "Contudo, justo é o SENHOR, porquanto, de fato, tenho sido extremamente rebelde contra os seus mandamentos; portanto, eis que rogo-vos, todos os povos, ouvi e contemplai o meu sofrimento; todos os meus jovens: moças e rapazes foram levados presos para o exílio.

18Ulilungisa uNdikhoyo, kodwa ndiphikisene nomlomo wakhe. Phulaphulani, nonke nina zizwe, niyibone intlupheko endikuyo. Umlisela nomthinjana wakowethu usekuthinjweni.

19 Chamei os meus aliados, que outrora me amavam, mas eles não vacilaram em me trair. Meus sacerdotes e meus líderes todos pereceram em plena cidade, enquanto buscavam desesperadamente por algo para comer e dar alento à vida.

19Ndakhala kwizithandwa zam, kodwa zandikhohlisa. Ababingeleli bam, namadoda amakhulu, âtshabalala esixekweni efuna ukudla ukuze ahlaziyeke.

20 Vê, ó Yahweh! O quanto estou angustiada até a morte! Considera SENHOR o tormento que assola o íntimo do meu ser! O meu coração está transtornado dentro de mim, porque me rebelei gravemente contra ti. Eis que lá fora, a espada devora a todos com ferocidade; dentro de casa, a morte banqueteia-se!

20Khangela, Ndikhoyo, ndibandezeleke kakhulu; amathumbu am ayaxuxuzela. Intliziyo yam ikhathazekile, kuba ndisuke ndangenwa luvukelo. Phandle phaya ikrele liyabhubhisa, ngaphakathi kukufa kodwa.

21 Meu pranto e gemidos têm sido ouvidos, mas não há ninguém que possa me consolar. Todos os meus adversários estão cientes da minha tragédia e desespero; eles comemoram e se alegram com o que fizeste. Todavia, eles ficarão como eu estou, quando chegar o grande Dia que anunciaste!

21Ivakele incwina yam, kodwa akakho ondithuthuzelayo. Zonke iintshaba zam zivile ngobubi obundihleleyo; ziyagcoloda yinto ondenze yona. Ibinga ingade ifike imini owawuyixelile, ukuze nazo zifane nam.

22 Ora, que toda a malignidade deles fique claramente demonstrada diante da tua

22Khawuyibone yonke inkohlakalo yazo, nazo uziphathe ngale ndlela undiphethe

presença; e faze com eles o mesmo que fizeste comigo por causa de todos os erros e transgressões que tenho cometido contra ti; porquanto meu pranto e meus gemidos são extremos, e o meu coração está desfalecido!”

ngayo ngenxa yazo zonke izikreqo zam. Ndincwina ndincwinile; umxhelo wam uwile.

Lamentações 2

O cerco, a fome e a ruína de Jerusalém

1 Eis que Yahweh cobriu a cidade de Sião com a nuvem da sua ira! Lançou por terra toda a beleza e alegria de Israel que se elevavam até os céus; não se lembrou do estrado dos seus pés no dia do seu furor.

2 O SENHOR devorou à espada e sem a menor indulgência, todas as habitações de Jacó; em sua ira destruiu as fortalezas da filha, cidade de Judá.

3 No furor da sua cólera destruiu todo o chifre, força e poder, de Israel; retirou a sua mão direita que detinha as ações do inimigo contra nós. Incinerou o povo de Jacó com um fogo tão ardente que rapidamente consumiu tudo ao seu redor.

4 Como um inimigo, armou o seu arco; como um adversário, firmou a sua mão direita e exterminou sem piedade todos e tudo por mais boa aparência que tivessem. Derramou sua ira violentamente, como fogo descontrolado, sobre a tenda da cidade de Sião.

5 Yahweh, o SENHOR, de repente, transformou-se em um inimigo furioso, atacando Israel até abatê-la! Ele, pessoalmente, devorou todos os seus palácios e arrasou as suas mais seguras

Izililo 2

UNdikhoyo wohlwaya iJerusalem

1Awu! Lisibekele kwintombi enguZiyon ngenxa yomsindo weNkosi. Isiphose phantsi isihombo sikaSirayeli, sasuka ezulwini, sakhahleleka emhlabeni; ayasikhumbula isihlalo seenyawo zayo ngomhla womsindo wayo.

2INkosi iziginye zonke izindlu zikaYakobi ingenanceba; emsindweni wayo izidilizile iinqaba zentombi enguJuda. Ubukumkani neziphathamandla ubukhahlele emhlabeni wabuhlazisa.

3Ekuvutheni komsindo wayo imnqumle iimpondo uSirayeli. Isirhoxisile isandla sayo sokunene kwakuvela utshaba. Injengomlilo ovuthayo phakathi kwaYakobi, otshisa konke phambi kwawo.

4Isityede okotshaba isaphetha sayo; isandla sayo sokunene sesilungele ukutola oku kombandezeli. Izibulele zonke iinzwana neenzwakazi; umsindo wayo iwuthulule okomlilo phezu kwentente yentombi enguZiyon.

5INkosi isuke yafana notshaba; imginyile uSirayeli. Iwabimbilizile onke amabhotwe akhe, yazidiliza iinqaba zakhe. Ikuphinda-phindile ukuzila nokulila kwintombi enguJuda.

fortalezas. Ele multiplicou o pranto e as lamentações da filha, cidade, de Judá.

[27]Kodwa ndakuthetha nawe ndiya kuwuvula umlomo wakho. Uze ke uthi kubo: ‘Itsho iNgangalala enguNdikhoyo: ...’ Ewe, uze utsho nokuba bayaphulaphula, okanye abaphulaphuli. Kaloku bayindlu yabadelelayo.”

UHezekile 4

Umqondiso wokungqingwa kweJerusalem

[1]Wathi kum uNdikhoyo: “Ngoku ke, mntundini, thatha isitena, usibeke phambi kwakho, uze uzobe isixeko saseJerusalem kuso.
[2]Wakugqiba uze usirhangqe ngezinto zokungqinga: yakha isithambeka sithi nca kuso, usijikeleze ngeekampu zamajoni, uze usirhangqe ngezigodo zokudiliza iindonga.
[3]Wakuba wenjenjalo uzuthathe intsimbi emcaba, uyibeke njengodonga phakathi kwakho nesixeko, ujike ujonge kuyo. Ngaloo ndlela ke uya kuba usingqingile

a fim de que isso sirva de sinal para toda a Casa de Israel.

isixeko. Le nto ke iya kuba ngumqondiso kwindlu kaSirayeli.

[4] Deita-te então sobre o teu lado esquerdo e lança sobre ti mesmo toda a malignidade da nação de Israel. Tu carregarás a iniquidade dela durante o número dos dias em que estiveres deitado sobre o teu lado esquerdo!

[4]"Ngoku ke ngqengqa ngecala lasekhohlo, ube ngokwenjenjalo usithabathele kuwe isono sendlu kaSirayeli. Esi sono ke siya kuba sesakho zonke iintsuku ulele ngecala.

[5] Determinei que o tempo e os anos da maldade do povo sejam contados em dias, isto é, durante trezentos e noventa dias levarás sobre ti toda a iniquidade da Casa de Israel.

[5]Ndikusikele iintsuku ezinani lilingana nenani leminyaka yokreqo lwendlu kaSirayeli. Ngoko ke uya kusithwala isono sayo iintsuku ezingamakhulu amathathu namashumi alithoba.

[6] E, quando tiveres cumprido esse tempo em dias, te deitarás sobre o teu lado direito a fim de poderes absorver também toda a malignidade da nação de Judá. Eis que Eu te dei quarenta dias, um dia para cada ano.

[6]"Wakuba ukufezile oku, uze uphinde ungqengqe, kodwa ngoku ngecala lasekunene, ube ngokwenjenjalo usithabathela kuwe isono sendlu kaJuda. Ndikusikele iintsuku ezingamashumi amane; usuku ngalunye lumele unyaka.

[7] Volta, pois, o teu rosto para Jerusalém sitiada e, com o teu braço descoberto, profetiza contra ela.

[7]Jika ujonge kwiJerusalem engqingiweyo, ukhomba-khomba oku komshumayeli.

[8] Eu mesmo te amarrarei com cordas; assim não poderás virar de um lado para o outro, até que tenhas cumprido todos os dias da tua provação.

[8]Mna ndiya kukubophelela ngeentsontelo, ukuze ungabi nako ukuguquka de ziphele iintsuku zokungqinga kwakho.

[9] Toma trigo e cevada, feijão e lentilha; painço em capim; e espelta, trigo ruim; deposita-os todos numa só vasilha e faz pão para teu alimento. Deverás, pois, comer deste pão durante os trezentos e noventa dias em que estiver deitado sobre o teu lado.

[9]"Thatha ingqolowa nerhasi, iimbotyi neelentile, imíleti nespeliti, uzigcine engqayini ukuze wenze ukutya ngazo. Uya kutya oku kutya ngeentsuku ezingamakhulu amathathu namashumi alithoba ulele ngecala.

[10] Pesa duzentos e quarenta gramas do pão por dia e come em horas determinadas.

[10]Uze wenze umlinganiselo onganeno nje kwekota yekhilogram yokutya omawukutye ngosuku ngamaxesha amiselweyo.

[11] Também beberás a água pelo equivalente a meio litro; de tempo em tempo beberás.

[11]Kwakhona uya kwenza umlinganiselo ongaphezulwana kwesiqingatha selitha

yamanzi oya kuwasela ngamaxesha amiselweyo.

[12] Tu comerás o pão como tradicionalmente se come um bolo de cevada; entretanto, o assarás sobre uma mistura de palha e fezes humanas como combustível!”

[12]Oku kutya kugcade ngomlilo wamalongwe omntu, abantu bejongile, ukutye ngokungathi utya iqebengwana lerhasi.”

[13] E acrescentou Yahweh às suas ordens: “Assim os israelitas comerão o seu pão impuro entre as nações pagãs para onde Eu mesmo os desterrar!”

[13]Waza wathi uNdikhoyo: “Baya kwenjenjalo abantu bakwaSirayeli ukudla ukutya okungcolileyo xa bephakathi kweentlanga endiya kubasarhaza phakathi kwazo.”

[14] Então eu repliquei: “Ah, Yahweh, SENHOR Deus! Eu jamais me contaminei e me tornei impuro de forma alguma; desde a minha mocidade até o dia de hoje, jamais comi animal encontrado morto ou dilacerado por outros animais selvagens; nem carne impura ou modo de preparar proibido entrou em minha boca!”1

[14]Ndathi ke mna: “Makungabi njalo, Ngangalala Ndikhoyo! Mna andizange ndilenze isikizi elinje. Ebutsheni bam kude kube ngoku andizange ndiyitye inyama yento efileyo okanye eqwengwe ngamarhamncwa. Andizange ndayifaka kowam umlomo inyama engàtyiwayo.”

[15] Ao que ele ponderou: “Assim seja! Permitirei que asses o teu pão sobre um mistura de palha e esterco de bois como de costume, e não em cima de excremento humano!”

[15]“Kulungile ke,” utshilo. “Ndiyavuma ukuba isonka sakho usigcade ngomlilo wamalongwe enkomo endaweni yamalongwe omntu.”

[16] E disse-me mais: “Filho do homem, eis que tirarei o suprimento de alimento em Jerusalém; com desespero comerão o alimento por peso; e em meio à grande aflição saciarão sua sede mediante quantidade de água racionada;

[16]Waza wathi kum: “Mntundini, ndiza kukunqamla ukungena kokutya eJerusalem. Abantu baya kufumana umxhesho wokutya namanzi, bahlale exhaleni nasekumatshekeni.

[17] até que o alimento e a água lhes faltem, e fiquem chocados com o estado de saúde e a aparência uns dos outros. Eis que todos definharão por causa de sua malignidade!”

[17]Ukutya namanzi aya kunqaba. Baya kukhamnqa xa omnye ejonge omnye; baya kungcungcutheka ngenxa yesono sabo.”

Ezequiel 5

UHezekile 5

UHezekile uzigugula iinwele neendevu

[1] "Agora, filho do homem, pega uma espada bem afiada e usa como navalha de barbeiro a fim de rapares a tua cabeça e a tua barba. Então tomarás uma balança e dividirás a quantidade de cabelos cortados em três partes iguais.

[2] Quando o tempo do cerco à Jerusalém se cumprir, destrua no fogo um terço do teus cabelos dentro da cidade, em seguida cortarás outra terça parte à espada ao redor de toda a cidade; então espalharás ao vento a última terça parte. Neste momento eu puxarei da minha espada para persegui-los e exterminá-los.

[3] Contudo, tomarás algumas mechas de cabelo de alguns deles e esconderás nas bordas de tua roupa.

[4] E destas mechas ainda, escolherás algumas para queimar, lançando-as no meio das chamas; e dali partirá um fogo exterminador contra toda a Casa de Israel.

[5] "Assim diz Yahweh, o Soberano Deus: Eis que esta é Jerusalém, eu a coloquei no meio dos povos, com todas as nações à sua volta!

[6] Entretanto, em sua malignidade, ela se rebelou contra as minhas leis e ordenanças; e virou as costas aos meus decretos muito mais do que outros povos e todas as nações pagãs ao seu redor. Israel rejeitou os meus juízos e preferiu não agir de acordo com os meus preceitos.

[7] Portanto assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Tu tens sido muito mais rebelde do que as nações pagãs ao teu redor, e não tens andado segundo os meus estatutos nem guardado os meus decretos, mas tens imitado as nações que te rodeiam e

[1]Wathi kum uNdikhoyo: "Ngoko ke, mntundini, thatha ikrele elibukhali, ususe ngalo iinwele zakho neendevu zakho ngokungathi liyimela yokugugula. Uze uthathe isikali, wenze imilinganiso ngemilinganiso yeenwele ezo.

[2]Kuya kuthi zakuphela iintsuku zorhangqo usitshise ngomlilo isithathu seenwele phakathi esixekweni; esinye isithathu ujikeleze naso ngaphandle kwesixeko, uhambe usinqunqa ngekrele; esokugqibela usilahle simke nomoya. Kaloku ndiya kuwaleqa ndiqhiwulé ikrele lam.

[3]Uze ushiye iinwele ezimbalwa, uzifihle emgobeni wengubo yakho.

[4]Uze uthathe zibe mbalwa kwezi, uziphose emlilweni zitshe. Umlilo uya kuqala apho, unwenwele kuyo yonke indlu kaSirayeli."

[5]Ithi iNkosi uNdikhoyo: "Le yiJerusalem endiyibeke phakathi kweentlanga, yaza yarhangqwa ngamazwe.

[6]Kodwa ngenxa yenkohlakalo yayo iyivukele imithetho nemimiselo yam nangaphezu kweentlanga namazwe ayirhangqileyo. Iyibukule imithetho yam, yayityeshela imimiselo yam.

[7]"Ngako oko ithi iNkosi uNdikhoyo: 'Ube nobutshijolo ngaphezu kweentlanga ezikurhangqileyo, waza wayityeshela imimiselo yam, akwayithobela imithetho yam. Uyalabalaba nakumgangatho weentlanga ezikurhangqileyo.' "

procedido de acordo com os padrões de comportamento dos pagãos.

[8] Por esta razão, declara Yahweh, o Soberano Deus: Eis que me posiciono contra ti; e passarei a te infligir uma série de castigos à vista de todas as nações ao teu redor.

[9] E baixarei sobre ti tamanho corretivo como nunca fiz, e isso por causa de todas as tuas idolatrias e abominações; de tal maneira que jamais voltarei a repetir castigos como estes.

[10] Sendo assim, eis que acontecerá entre vós que os pais comerão seus próprios filhos, e os filhos comerão os seus pais no meio de ti, ó Jerusalém. Castigarei severamente teu povo e o dispersarei aos ventos os seus sobreviventes.

[11] Por este motivo, tão certo como Eu vivo, assevera Yahweh, Soberano Deus, que por ter contaminado meu Santuário, o Templo, com tuas imagens idólatras e abomináveis, e ainda com suas práticas repugnantes, Eu retirarei a minha Benção de ti! Eis que não mais olharei com compaixão e misericórdia para Jerusalém e não a pouparei.

[12] Uma terça parte do teu povo morrerá por causa da praga ou se consumirá de fome; outra terça parte tombará mediante a espada dos inimigos à tua volta; eis que espalharei por todos os ventos a terça parte final e puxarei da minha própria espada a fim de persegui-los e exterminá-los.

[13] Deste modo se cumprirá a minha ira, e satisfarei neles toda a minha indignação, e me sentirei vingado; então saberão que Eu

[8]Yaqhuba iNgangalala iNkosi uNdikhoyo yathi: “Ke ngoko mna ngokwam ndiyalwa nawe, Jerusalem, ndaye ndiza kukohlwaya iintlanga zijongile.

[9]Ngenxa yamasikizi owenzileyo, kuwe ndiza kwenza into endingazange ndayenza ngaphambili, endingayi khuphinda ndiyenze nanini na.

[10]Ewe, kuwe ooyise baya kudla abantwana babo, abantwana badle ooyise. Ndiya kukohlwaya, ndize amasalela ndiwasarhaze emoyeni.

[11]Mna ngokwam ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, njengokuba ungcolise isibingelelo sam esingcwele ngezithixo zakho ezinezothe nangezenzo zakho ezingamasikizi, ndiza kuzirhoxisa iimfefe zam kuwe; andiyi kuba naluvelwano.

[12]Isahlulo sesithathu sabantu bakho siya kufa ngubhubhani okanye sitshabalale yindlala phambi kwakho; esinye isithathu siya kubulawa ngekrele ngaphandle kweendonga zesixeko; esokugqibela isithathu ndiya kusisarhaza emoyeni, ndisileqe ndiqhiwulé ikrele lam.

[13]“Emva koko ke uya kuphela umsindo kum, nokuqumba kuthothe, kuba ndiya kuba ndiziphindezele. Xa ingqumbo yam ndiyikhuphele kubo baya kwazi ukuba mna

Sou Yahweh, o SENHOR, que tenho falado com o meu povo segundo o meu zelo!

[14] Eis que farei de ti, ó Jerusalém, uma só desolação e objeto de desprezo entre todas as nações em teu entorno, à vista de todos os que passarem por tuas terras.

[15] Serás, pois, objeto de rejeição e escárnio, advertência e horror para todas as nações pagãs em tua vizinhança, quando Eu investir toda a minha cólera e executar meus juízos contra ti com indignação e extrema violência! Oráculo de Yahweh, o SENHOR.

[16] Quando Eu mandar sobre ti minhas flechas mortais e destruidoras, minhas setas de fome, atirarei sem piedade para exterminar-te! Aumentarei a fome entre o teu povo e cortarei todo o teu sustento.

[17] Enviarei contra ti a fome extrema, e animais selvagens de rapina, que perseguirão e acabarão com teus filhos. A peste e o derramamento de sangue te alcançarão, e trarei sobre ti a espada mortal! Palavra do SENHOR."

Ezequiel 6

Profecia contra os montes de Israel

[1] E eis que veio a mim mais esta Palavra de Yahweh:

[2] "Filho do homem, vira o teu rosto contra os montes de Israel; profetiza contra eles.

[3] E prega: 'Ó montes de Israel, ouvi a Palavra do SENHOR Deus!'Assim declara Yahweh, o Soberano Deus aos montes, às colinas, às ravinas e aos vales: Eis que Eu mesmo trarei a espada sobre todos vós e exterminarei os vossos altares idólatras em todas as colinas.

Ndikhoyo ndithethile ndiqhutywa likhwele lam.

[14]"Ndiya kukwenza ube ngophaleleyo nesigculelo seentlanga ophakathi kwazo kwanâbo badlula ngendlela.

[15]Uya kuba ngumqondiso osisigculelo nentlekisa nesikizi kwabo uhleli phakathi kwabo, xa ndikohlwaya ngomsindo nangengqumbo, ndikukhalimela kabukhali. Mna Ndikhoyo ndithethile.

[16]Iintolo zam endinitshabalalisa ngazo yindlala. Ewe, ndiya kuyandisa indlala kuni ngokuvala ningakuzuzi ukudla.

[17]Ndiya kunithumela ngendlala namarhamncwa, nize nisale ningenabantwana. Niya kuba sisisulu sikabhubhani nokuphalala kwegazi, kuba ndiya kulithumela kuni ikrele. Mna Ndikhoyo ndithethile."

UHezekile 6

Ukuchaswa konqulo-zithixo

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Mntundini, zikhangele iintaba zakwaSirayeli, ushumayele uzikhalimele,

[3]uthi: Zintabandini zakwaSirayeli, liveni izwi leNkosi uNdikhoyo. Ithi iNgangalala uNdikhoyo kwiintaba neenduli, iingxingwa neentlambo: Ndiza kunibetha ngemfazwe, ndizitshabalalise iindawo zenu zonqulo eziphakamileyo.

[4] Os vossos altares serão totalmente destruídos, e as vossas colunas dedicadas ao deus sol serão todos aniquilados; e lançarei os vossos mortos na cara dos vossos ídolos!

[5] Jogarei os cadáveres dos próprios israelitas diante de todos os seus ídolos e espalharei os vossos ossos em torno dos vossos altares cheirando a incenso.

[6] Em todos os vossos lugares habitáveis, as cidades serão arrasadas, e os altares e colinas, assolados; para que vossos altares sejam esmigalhados e aniquilados, e vossos ídolos se despedacem e sejam completamente destruídos, e os altares de incenso sejam igualmente derrubados, feitos em pedaços, e vossas obras, desfeitas.

[7] Então, os feridos à espada tombarão em plena cidade, e sabereis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

[8] Contudo, pouparei um remanescente com vida, permitirei que alguns escapem a fim de serdes espalhados pelas nações.

[9] E assim, aqueles dentre vós que escaparem se recordarão da minha pessoa quando estiverem entre as nações pagãs para onde forem levados cativos, no tempo em que Eu mesmo lhes tiver quebrantado o coração corrupto e adúltero, que preferiu desviar-se de mim; e cegado seus olhos, que se cederam à cobiça seguindo ídolos inúteis; e terão nojo de si mesmos, por causa das malignidades que praticaram, mediante todas as suas atitudes abomináveis.

[10] E saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR, que não avisei nem ameacei em

[4]Ndiza kuwadiliza amaqonga enu amadini, ndiwatyumze amaqonga enu eziqhumiso; ndiza kubatyakatya ngekrele abantu benu bawe phambi kwezithixo zenu.

[5]Izidumbu zamaSirayeli ndiza kuzifumba phambi kwezithixo zawo, ndize amathambo awo ndiwasarhaze ajikeleze amaqonga enu.

[6]Nakuyiphi na indawo enimi kuyo izixeko ziya kutshatyalaliswa, zize iindawo zonqulo eziphakamileyo zidilizwe, khon' ukuze amaqonga enu amadini aqhekezwe, nezithixo zenu zityunyuzwe, namaqonga eziqhumiso achitha-chithwe, zide ziphele tu izinto ebenizenze ngezandla zenu.

[7]Abantu baya kugeqwa likrele phakathi kwenu, ukuze niqonde ukuba mna ndinguNdikhoyo.

[8]“Kodwa abanye ndiya kubasindisa, kuba bakho abaya kusaba lingabazuzi ikrele ngeli xesha nisarhazwe kwezinye izizwe namazwe.

[9]Ke abo bathe bengabathinjwa basinda, baya kukukhumbula ukukhathazeka kwam ngenxa yokungathembeki kwabo, ngokundinikela umva, benqwenela izithixo zabo. Baya kuzizonda ngenxa yobugwenxa babo nangawo onke amanyundululu abo.

[10]Baya kundazi ukuba mna ndinguNdikhoyo, andifananga

vão trazer este castigo avassalador sobre vós.

[11] Assim diz o Soberano, o Eterno: Esfrega as mãos, bate os pés e grita: 'Ai!', por causa de todas as atitudes e práticas ímpias e abomináveis cometidas pela Casa de Israel; por esse motivo eles serão exterminados mediante a espada, a fome e pela doença epidêmica!

[12] Quem está distante morrerá pela peste, quem está próximo tombará ao fio da espada, e ainda, quem sobreviver e for poupado não resistirá à fome extrema. Deste modo expressarei toda a minha indignação sobre todos eles.

[13] E assim saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR, quando o seu povo estiver aniquilado sobre o chão da cidade, morto entre seus ídolos, ao redor dos seus altares de pedra, em todo monte alto e em todo topo de montanha; debaixo de todo carvalho frondoso e em todos os lugares nos quais eles tinham o prazer de oferecer incenso aromático em homenagem a todos os seus ídolos inúteis.

[14] Eis que estenderei o meu braço forte contra eles e tornarei essa terra uma imensidão absolutamente arruinada, desde o deserto até Divlá, Dibla; e onde quer que estiverem vivendo saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

Ezequiel 7

O fim vem! O fim vem!

[1] Então veio a mim a Palavra do SENHOR nestes termos:

ndabatyityimbisela umnwe ukuba ndiya kubahlisela esi sithwakumbe.

[11]"Ithi iNgangalala iNkosi uNdikhoyo: Betha ngesandla sakho, ungqishe ngonyawo, uthi: 'Yeha!' ngenxa yamanyundululu endlu kaSirayeli, kuba baya kufa ngekrele, ngendlala, nangobhubhani.

[12]Okude uya kufa ngobhubhani; okufutshane uya kufa ngekrele; othe wasinda uya kufa yindlala. Ndiya kwenjenjalo ke xa ndiwukhuphela kubo umsindo wam.

[13]Baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa bebona izidumbu zâbo bafe ngekrele zidunduluze phakathi kwezithixo namaqonga abo, nakuzo zonke iinduli eziphakamileyo, nasezincotsheni zeentaba, naphantsi kwemithi nemioki – apho babesenzela izithixo zabo iziqhumiso ezivumba limnandi.

[14]Ndiya kusolula isandla, umhlaba ndiwubharhise ukusuka ezantsi entlango kuye eDibla kumantla – nditsho kuzo zonke iindawo ezimiwe ngabo. Ewe, baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo."

UHezekile 7

Sifikile isiphelo

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo

[2] “Filho do homem, assim diz Yahweh, o Soberano Deus, à nação de Israel: Eis que o fim está chegando! E se abaterá sobre os quatro cantos da terra de Israel!

[2]Iisithi: “Mntundini, ithi iNkosi uNdikhoyo kwilizwe lakwaSirayeli: “Isiphelo! Isiphelo sifikile kwiimbombo zone zomhlaba!

[3] No momento, o fim paira sobre a tua cabeça, e sobre o teu povo Eu vou desencadear toda a minha indignação. Eu te julgarei conforme as tuas atitudes e procedimentos, e retribuirei todas as tuas práticas abomináveis.

[3]Mhlabandini, sifikile ngoku isiphelo sakho, kwaye ndiza kukubasela ngomsindo wam; ndiza kukugweba ngokwezenzo zakho, ndiziphindezele ngenxa yamasikizi owenzileyo.

[4] Não olharei para ti com compaixão nem misericórdia, tampouco te pouparei; com certeza Eu te pagarei por tua conduta e tuas ações no meio do teu povo. Então saberás que Eu Sou Yahweh, o SENHOR!”

[4]Andiyi kuba naluvelwano, ndingayi kuba nayo nenceba, koko ndiya kukubuyekeza ngenxa yezenzo zakho, uchanwe ngamanyundululu akho. Uya kutsho uqonde ukuba ndinguNdikhoyo.

[5] Assim diz o Soberano, o Eterno: “Eis que a desgraça é chegada! Um castigo jamais imaginado está a caminho.

[5]“INkosi uNdikhoyo ithi: “Intlekele! Nants' intlekele! Nants' ifikile!

[6] Eis que o fim é chegado! Chegou o fim em toda a terra! Ele se insurgiu contra ti, ó Israel. O fim chegou!

[6]Isiphelo sifikile! Isiphelo sigalelekile! Siyakugragramela! Ewe, sifikile!

[7] Ó habitante da terra de Israel, o dia da tua ruína chegou! Vem o tempo e está próxima a hora, o dia do alvoroço sobre os montes; dia de gritos e brados, mas não de alegria.

[7]Intshabalalo igalelekile, mmindini weli lizwe. Ixesha lixheshile! Imini seyisondele; endaweni yovuyo yidyudyu ezintabeni.

[8] Estou pronto para derramar a minha cólera sobre ti, e esgotar toda a indignação que tenho acumulado contra ti; eis que Eu mesmo te julgarei de acordo com as tuas práticas nojentas.

[8]Ndowukhuphela kuwe umsindo wam, ndiyiphelisele kuwe ingqumbo yam; ndiya kukohlwaya ngezenzo zakho, ndikubuyekeze ngamanyundululu akho.

[9] Não olharei com piedade para ti, nem te pouparei, Eu te pagarei conforme as tuas ações repugnantes que proliferam no meio do teu povo! E assim, saberás que Eu, Yahweh, é quem te estou castigando.

[9]Andiyi kuba naluvelwano, ndingayi kuba nayo nenceba, koko ndiya kukubuyekeza ngenxa yezenzo zakho, uchanwe ngamanyundululu akho. Uya kutsho uqonde ukuba ndim mna Ndikhoyo ogqebhayo.

[10] Portanto, eis que chegou o Dia! Esta é a hora! A condenação irrompeu, a vara brotou, a arrogância floresceu!

[11] A brutalidade e a violência tomaram a forma de uma vara para açoitar a malignidade; ninguém do povo deixará de ser punido, nenhuma pessoa daquela multidão será deixada na terra, como também nenhuma riqueza, nada que tenha algum valor.

[12] Chegou a hora da verdade! O dia do juízo é chegado! Que o comprador não se alegre nem o vendedor se entristeça, pois a indignação do Eterno está sobre todo o povo.

[13] Nenhum vendedor viverá o suficiente para recuperar a terra que vendeu às pressas, ainda que viva muito tempo, pois a profecia em relação a toda multidão não voltará atrás nem se modificará. Por causa da tua iniquidade, nenhuma vida humana será poupada.

[14] Ainda que façam soar o Shofar, a trombeta, a fim de que todos se preparem para a guerra, ninguém irá a combate, pois minha ira será despejada de uma vez sobre toda a multidão do meu povo!”

[15] Eis que a espada já está desembainhada do lado de fora da cidade; e dentro estão a peste e a fome; quem estiver no campo tombará ao fio da espada, e quem estiver na cidade será devorado pela fome e pela doença epidêmica.

[16] Todos os que se livrarem e escaparem estarão nos montes, gemendo sem parar como as pombas dos vales, cada um por causa de sua própria impiedade e pecado.

[10]“Lufikile usuku! Ewe, lufikile! Intshabalalo ithe momfu; intonga iqhakazile, ikratshi lidubule!

[11]Ugonyamelo luyintonga yokohlwaya inkohlakalo; akukho namnye oya kusinda – nditsho nkqu ubutyebi, nantoni na yexabiso.

[12]“Ixesha lixheshile; imini ifikile! Phantsi imincili kumthengi, umthengisi angabi lusizi, kuba ingqumbo isifikele isihlwele.

[13]Umthengisi akayi kuwubuyiselwa umhlaba wakhe nokuba usaphila nomthengi, kuba awuzukujikwa umbono oxela intshabalalo yesihlwele. Akukho namnye oya kuba nako ukusindisa ubomi bakhe, kuba kaloku akukho namnye ungonanga.

[14]Bangade balivuthele ixilongo, baxhobe bafe amacala, kodwa akukho namnye oya kulilwa idabi, kuba ingqumbo yam iphezu kwesihlwele siphela.

[15]“Likrele kongaphandle; kongaphakathi ngubhubhani nendlala. Abasemaphandleni baya kubulawa ngekrele; abasesixekweni baya kubhuqwa yindlala nangubhubhani.

[16]Bonke abasindileyo basaba baya kubalekela ezintabeni, bekhala njengamahobe asezintlanjeni, bekhala ngenxa yezono zabo.

[17] Todos os braços se enfraquecerão e todos os joelhos se tornarão trêmulos e fracos como água.

[18] E se cobrirão de sacos como vestes de luto, e imenso terror envolverá a todos; e o rosto de cada pessoa estampará a profunda vergonha que sentem; e a cabeça de todos será raspada.

[19] Jogarão toda a sua prata nas ruas, e seu ouro será como impureza; nem a sua prata nem o seu ouro poderão livrá-los no Dia da Indignação do SENHOR; esses metais preciosos não terão a menor capacidade de saciar-lhes a fome, nem de se transformar em comida para seus estômagos vazios, porquanto serviram de tropeço e erro para a sua malignidade.

[20] Fizeram de suas jóias caras seu grande orgulho; com elas produziram com arte imagens das suas abominações e todos os seus detestáveis objetos de culto; por isso Eu mesmo as transformei em algo imundo e nojento para eles.

[21] Eu a entregarei, ó Israel, como presa nas mãos dos pagãos e como despojo de guerra aos ímpios da terra; e eles a profanarão.

[22] E desviarei deles a minha face, e eles contaminarão e tornarão impuro o meu lugar de culto e adoração; porquanto saqueadores inescrupulosos adentrarão este santo lugar e o profanarão.

[23] Faz uma algema, porque a terra está repleta de crimes bárbaros e sanguinários, e a cidade cheia de violência.

[24] Eis que trarei os piores dentre os povos pagãos, e eles tomarão posse de suas casas;

[17]Ziya kuwa zonke izandla, amadolo abe nengevane.

[18]Baya kunxiba amarhonya, bagubhe kukoyika. Baya kuba manyonywana, bazixhwithe iinwele zabo.

[19]Baya kuyilahla ezitalatweni isiliva yabo, igolide ifane nento emdaka. Abayi kusindiswa yigolide nesiliva yabo ngomhla wengqumbo kaNdikhoyo. Abayi kuyidla xa belambile; kaloku yiyo ebakhubekisileyo.

[20]Bebeqhayisa ngezihombo zabo ezimbeje-mbeje, bezisebenzisa ekwenzeni izithixo zabo ezinezothe nemifanekiso engamasikizi. Ngako oko ndiya kuziguqula zibe njengento emdaka kubo.

[21]Ndiya kuzinika abasemzini, zibe lixhoba labo; ewe, zibe lixhoba lezikhohlakali zomhlaba, zona ziya kuzixabhela.

[22]Ndoval' amehlo, bayigqwalisele indawo yam endiyixabise kunene; abaphangi bongena bayixabhele.

[23]“Lungisani amatyathanga, kuba ilizwe lithe mome ligazi, isixeko songanyelwe lugonyamelo.

[24]Ndiya kuza nezona zizwe zikhohlakeleyo, zithimbe izindlu zabo; ndiya kuliphelisa

farei cessar a arrogância dos poderosos da terra, e os seus santuários serão profanados.

[25] Quando chegar o desespero, eles buscarão a paz com avidez, todavia, não a encontrarão.

[26] Então virá miséria sobre miséria, e se levantará um rumor mais assustador que o outro; eles buscarão uma visão, uma palavra do profeta; mas até mesmo o ensino da Torá, Lei, por parte do sacerdote se perderá, como também o conselho dos líderes e anciãos se extinguirá.

[27] Neste Dia o rei ranteará, o príncipe se vestirá de angústia e desespero, e as mãos de todas as pessoas do povo tremerão de pavor. Então eu julgarei e tratarei de cada pessoa de acordo com sua atitude e procedimento; Eu retribuirei com justiça segundo o merecimento de cada um; e todos saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

ikratshi labanamagunya, neendawo zabo zonqulo ziya kuxabheleka.

[25]Lwakufika unxunguphalo, baya kufuna uxolo, lube lungafumaneki.

[26]Yoba yintlekele emva kwenye, ibe ngamavuso ngamavuso. Baya kufuna isikhokelo kumshumayeli; ibe ingasavakali ndawo imfundiso-mthetho yombingeleli, amacebiso amadoda amakhulu anyamalale.

[27]"Iya kuzila ikumkani, itshawe lincame mpela, ziwe phantsi izandla zabemi belizwe. Ndiya kubangcamlisa iindlela zabo; ewe, ndibohlwaye ngomgangatho wabo. Baya kuqonda ukuba ndinguNdikhoyo."

Ezequiel 8

As abominações no santuário

[1] No quinto dia do sexto mês do sexto ano de cativeiro, eu, os anciãos e líderes de Judá estávamos reunidos em minha casa quando a poderosa mão de Yahweh, o Eterno, veio sobre mim.

[2] Num instante fixei os olhos e vi um vulto de aparência humana. Da sua cintura para baixo este ser parecia ser feito de algum material incandescente, e dali para cima sua figura era de um resplendor muito superior ao metal mais brilhante.

[3] Então, este ser estendeu na minha direção uma espécie de braço e pegou-me pelos cabelos; e, de súbito, o Espírito me conduziu

UHezekile 8

Unqulo-zithixo endlwini kaThixo

[1]Ngonyaka wesithandathu, ngosuku lwesihlanu kwinyanga yesithandathu, ndandihleli endlwini yam, amadoda amakhulu akwaJuda ethe qwelele phambi kwam, ndaza ndonganyelwa ngamandla eNkosi uNdikhoyo.

[2]Ndajonga, ndaza ndabona into efana nomntu. Yayingathi ngumlilo ukusuka esinqeni kuhle; ukunyuka yayiqaqambe okwesinyithi esitshe sada sabomvu.

[3]Yolula loo nto yayingathi sisandla, yandithi hlasi ngesihlwitha. UMoya wanditsho ndaphakathi komhlaba nezulu, ndaza

para um espaço entre a terra e os céus, e por meio de uma série de visões de Deus, levou-me a Jerusalém, e me colocou à entrada da porta Norte do pátio interno, onde havia sido instalado o trono da imagem do ídolo que provoca o ciúme de Deus.

4 E ali, diante da minha pessoa, estava a Glória do Deus de Israel, exatamente como contemplara na visão que eu havia tido na planície do vale.

5 Então ele falou comigo e ordenou: “Filho do homem, levanta, pois, agora os teus olhos em direção ao Norte!”. Ergui meus olhos para o lado Norte, e vi, junto à porta do altar, aquela imagem do ídolo que inflama o zelo de Deus.

6 E o Eterno seguiu, dizendo-me: “Filho do homem, vê o que o povo está fazendo? As grandes abominações que a nação de Israel pratica aqui, atitudes malignas que me afastarão para longe do meu amado e santo lugar? Mas isso não basta, verás ações ainda piores que estas!”

7 Em seguida o Espírito me conduziu para a entrada do pátio. Olhei e vi um buraco no muro.

8 E ele me orientou: “Agora, pois, ó filho do homem, escava esta parede!” Prontamente escavei o muro e vi ali a abertura de uma porta.

9 Disse-me ainda: “Entra e observa com teus próprios olhos as ações repugnantes e iníquas que essa gente vem praticando aqui!”

10 Então eu entrei e olhei. E vi toda a forma de criaturas rastejantes e animais considerados impuros e todas as imagens de

ngokombono kaThixo ndasiwa eJerusalem kwisango elingentla yeyona nkundla iphakathi apho kwakumi isithixo esasixhokonxa ikhwele likaNdikhoyo.

4Apho phambi kwam ndabona ubuqaqawuli boThixo kaSirayeli obufana nqwa nobuya ndabuboniswa ethafeni.

5INkosi yathi kum: “Mntundini, khangela ngasentla.” Ndaza ndajonga, ndabona isithixo esixhokonxa ikhwele likaNdikhoyo simi kufuphi neqonga lamadini ngakwisango langentla.

6INkosi yathi kum: “Mntundini, uyayibona into abayenzayo – intlondi eyenziwa yindlu kaSirayeli apha, izinto eziza kundigxotha kwisibingelelo sam esisodwa? Kanti ke useza kubona nawona manyundululu.”

7Yaza yandibeka esangweni lenkundla. Ndajonga ndabona umngxuma eludongeni.

8Yathi ke kum: “Mntundini, ngoku ke gqobhoza eludongeni.” Nam ke ndagqobhoza, ndaza ndabona umnyango apho.

9Yathi kum: “Ngena ubone amanyundululu abawenzayo apha.”

10Ndaza ke ndangena, ndajonga, ndabona eludongeni kukrolwe imifanekiso yezilo ezirhubuluzayo nezilwanyana ezinezothe

ídolos que os israelitas estavam cultuando! E muitos desses ídolos estavam pintados em figuras nas paredes por todo lado.

nazo zonke izithixo ezisuke zanqulwa yindlu kaSirayeli.

[11] Setenta líderes e anciãos da Casa de Israel, incluindo Iaazaniáhu ben Shafán, Jazanias filho de Safã, estavam em pé diante de tais pinturas. Cada um tinha na mão o seu incensário, e forte cheiro de incenso subia como uma nuvem aromática.

[11]Phambi kwazo kwakumi amashumi asixhenxe amadoda amakhulu endlu kaSirayeli, phakathi kwawo kukho uYazaniya unyana kaShafan. Nganye kuwo yayiphethe isitya esinesiqholo, kuso kunyuka umsi.

[12] Então ele me questionou: “Filho do homem, viste o que os líderes e anciãos da nação de Israel estão fazendo em oculto, nas trevas? Vê que cada um está escondido em sua câmara e santuário pessoal adorando a imagem esculpida de seu ídolo particular? E eles ainda comentam: ‘Ora, Yahweh não nos vê! O SENHOR já abandonou a nossa nação há muito tempo!”

[12]Yathi kum iNkosi: “Mntundini, ukubonile okwenziwa ngamadoda amakhulu endlu kaSirayeli emnyameni? Yileyo naleyo isegumbini lesithixo sayo. Athi: ‘UNdikhoyo akasiboni; uNdikhoyo ulilahlile eli lizwe.’ ”

[13] E acrescentou: “Eis que verás essa gente cometendo erros ainda mais nojentos que estes!”

[13]INkosi iqhube yathi: “Uza kubabona besenza izinto ezinezothe ngaphezu kwezi.”

[14] Então ele me levou para a entrada da porta Norte da Casa de Yahweh, o Templo. Lá eu observei mulheres assentadas, chorando e clamando pelo deus Tamuz.

[14]Indise kwisango elingentla lendlu kaNdikhoyo, ndaza ndabona abafazi behleli bezilele isithixo uTamuzi.

[15] E ele indagou-me: “Viste isto, filho do homem? Pois verás abominações ainda maiores que estas!”

[15]Ithe kum: “Uyayibona le nto, mntundini? Useza kubona amanyundululu angaphezu kwala.”

[16] E no mesmo instante me transportou ao átrio de dentro, o pátio interior da Casa de Yahweh, o Templo do SENHOR; e lá estavam cerca de vinte e cinco homens, à entrada do Santuário do Eterno, entre o pórtico e o altar, de costas para o Templo de Yahweh, e tinham seus rostos voltados para o Oriente, e estavam prostrados adorando o deus sol.

[16]Ngoku indingenise phakathi kweyona nkundla yendlu kaNdikhoyo. Ngakwisango phakathi kweqonga nendawo yokuhamba kwakukho malunga namashumi amabini anesihlanu amadoda. Ayeyifulathele indlu kaNdikhoyo, ejonge empumalanga, equbuda kwilanga lasempuma.

[17] Então ele me questionou mais uma vez: “Viste tudo isso, filho do homem? Porventura as práticas malignas e repugnantes que essa gente comete aqui são erros menores e triviais para a nação de Judá? Ora, depois de terem enchido a terra de brutalidade, tornam a inflamar-me à cólera! Vê! Olha lá o que fazem! Estão levando um ramo ao nariz como gesto cerimonial de culto à natureza!

[18] Por esse motivo Eu os tratarei com toda a minha indignação; o meu olho não poupará, nem olhará com compaixão ou piedade para nenhum deles. Ainda que berrem aos meus ouvidos, não os ouvirei!

[17]Ithe kum: “Ukubonile oku, mntundini? Ngathi indlu kaJuda ayanelanga ngala manyundululu iwenzayo, ngoku izalise ilizwe lonke ngogonyamelo, indixhokonxa ngakumbi ukuze ndibe nomsindo. Babone ke aba bantu: nâbo bewangawangisa ngamasebe omdiliya ngasezimpumlweni zabo!

[18]Ngokwenene andiyi kuba nalusizi, ndingayi kubasindisa; baza kuthi shu yingqumbo yam. Nokuba sebede batsho ngenzwinini yesikhalo andiyi kuphulaphula.”

Ezequiel 9

Os castigos de Jerusalém

[1] Então ele bradou com todo vigor próximo aos meus ouvidos: “Guardiões da cidade, tomai posição, cada um com sua arma de extermínio em mão!”

[2] Imediatamente seis homens vieram pela porta superior do Templo, que está voltada para o Norte, e cada um desses executores empunhava sua arma de destruição, prontos para a matança; e entre eles estava um homem vestido de linho que portava um estojo de escrevente à cintura. Eles entraram e se postaram ao lado do altar de bronze.

[3] E a Glória do Deus de Israel ergueu-se de cima do querubim, onde havia repousado, e se moveu para a entrada do Templo. E Yahweh chamou o homem vestido de linho e que trazia o tinteiro de escrivão na cintura.

UHezekile 9

Ukubulawa kwabanquli-zithixo

[1]Ndaza ndayiva iNkosi isithi: “Biza amagosa ocwangco esixeko, ngalinye kuwo liphathe isixhobo salo.”

[2]Ndabona kusithi gqi isithandathu samadoda sivela kwisango eliphezulu elijonge entla, iyileyo iphethe isixhobo esoyikekayo. Ayehamba nomfo onxibe ilinen, egaxele izinto zokubhala. Bangena bema ngakwiqonga lamadini lobhedu.

[3]Ubuqaqawuli bukaThixo bafunquka phezu kwesithunywa esimaphiko apho babukhona, baza beza kuthi zinzi emgubasini wendlu kaThixo. Waza ke uNdikhoyo wamyalela umfo onxibe ilinen enezixhobo zakhe zokubhala,

[4] E o SENHOR ordenou-lhe: “Passa pelo meio da cidade, pelo meio de Jerusalém e marca com um sinal a testa das pessoas que se aborrecem e não compactuam de todas as abominações que se cometem no meio do povo!”

[4]wathi: “Tyhutyha isixeko saseJerusalem, ubaphawule ebunzi abo bawanyanyayo amanyundululu enziwa khona.”

[5] Enquanto eu ouvia isso, ele disse aos outros executores: “Passai, pois, pela cidade seguindo os passos do escrivão e exterminai, sem piedade nem compaixão, todos os demais!

[5]Ndithe ndisamamele njalo wathi kwabanye abo: “Mlandeleni, nityhutyhe isixeko, nibulale, ningabi nanceba namfesane,

[6] Matai sem dó: idosos, rapazes e moças, crianças e mulheres, até aniquilar a todos. Todavia não tocai em ninguém que tenha recebido o sinal da salvação. Começai, pois, a destruição pela minha própria Casa, o Templo”. Então eles iniciaram a matança pelas autoridades que estavam na frente do santuário.

[6]nityakatye nitshabalalise amaxhego, amadodana neentombi, abafazi nabantwana, kodwa maze ningamchukumisi onophawu. Qalani kanye esibingelelweni.” Ngoko nangoko baqala ngamadoda amakhulu ayelapho phambi kwendlu kaThixo.

[7] E ele ainda lhes ordenou: “Contaminai e profanai o Templo, lotai de mortos os grandes pátios, e abandonai o lugar. Agora, podeis ir!” Eles partiram e imediatamente deram início à matança em toda a cidade.

[7]Kwakhona uthe kubo: “Yigqwaliseni indlu kaThixo, iinkundla zizale zizidumbu. Hambani!” Baza ke bahamba betyakatya bebulala esixekweni apho.

[8] Enquanto aquela carnificina prosseguia, fiquei sozinho. Então prostrei-me, com o rosto rente ao pó da terra, e clamei em alta voz: “Ó Yahweh! Soberano Deus! Vais mesmo destruir toda essa gente de Israel, lançando a tua indignação sobre Jerusalém?”

[8]Ngeli xesha babulalayo ndishiywe ndedwa, ndasuka ndacambalala ndabhomboloza ndathi: “Awu, Nkosi Ndikhoyo, ukhuphela ingqumbo yakho eJerusalem ngokutshabalalisa namasalela la ukuze kungasali nempunde kwaSirayeli?”

[9] E o SENHOR me respondeu: “A malignidade da nação de Israel e de Judá é incomensurável; a terra está mergulhada em sangue; e a cidade, atolada na injustiça; pois eles vivem alegando: ‘Ora, Yahweh já

[9]Wandiphendula wathi: “Lukhulu kakhulu ukreqo lwendlu kaSirayeli nekaJuda; kuligazi nje elizweni, ubulungisa abukho konke kwesi sixeko. Bathi: ‘UNdikhoyo ulishiyile ilizwe; uNdikhoyo akasiboni.’

abandonou toda a nação; o SENHOR não olha mais para o seu povo!’

[10] Sendo assim, Eu também não terei misericórdia nem compaixão dessa gente; farei recair suas más atitudes e obras sobre suas próprias cabeças!”

[11] E o homem que estava vestido de linho, em cuja cintura estava o estojo de escrevente, retornou com o relatório, e apresentou-o dizendo: “Fiz tudo conforme me ordenaste!”

[10]Ke ngoko andizi kuba nanceba ndibasindise, kodwa baya kuvuna loo nto bayilimileyo.”

[11]Ke kaloku umfo onxibe izambatho zelinen ephethe izixhobo zakhe zokubhala wabuya wathi: “Ndisebenze ngokomyalelo wakho.”

Ezequiel 10

A segunda visão dos querubins

[1] Em seguida olhei e observei algo semelhante a um trono feito todo em safira sobre a abóbada, a curvatura do firmamento, que estava por cima da cabeça dos querubins.

[2] Então Yahweh ordenou ao homem vestido de linho: “Vai por entre as rodas giratórias, por baixo dos querubins; enche as tuas mãos de brasas acesas que estão no meio dos querubins e espalha-as sobre toda a cidade!” E, enquanto eu contemplava o que estava acontecendo, ele se foi.

[3] Ora, os querubins haviam se posicionado de pé, no lado direito, ao Sul do Templo quando o homem entrou, e uma nuvem cobriu todo o pátio interior.

[4] Então a Glória de Yahweh se levantou de sobre o querubim e passou para a entrada do Templo; e todo o santuário se encheu da resplandecência da Glória do SENHOR.

UHezekile 10

Ubuqaqawuli buyafuduka endlwini kaThixo

[1]Ndajonga ndaza ndabona into engathi sisihlalo sekumkani esenziwe ngelitye lesafire, sithe zinzi esibhakabhakeni ngasentla kweentloko zezithunywa ezimaphiko.

[2]Waza uNdikhoyo wathi kwindoda enxibe izambatho zelinen: “Ngena phakathi kwamavili lawa aphantsi kwezithunywa ezimaphiko, uzalise izandla zakho ngamalahle avuthayo, uwasasaze phezu kwesi sixeko.” Wangena ndikhangele njalo.

[3]Izithunywa ezimaphiko zazimi kwicala lasezantsi endlwini kaThixo ngeli xesha indoda ingenayo. Inkundla ephakathi yayigqunywe lilifu.

[4]Baza ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bafunquka phezu kwesithunywa esimaphiko, baya kuthi zinzi emnyangweni wendlu kaThixo. Yazala mome indlu kaThixo lilifu, yona inkundla yazala bubukhazikhazi bobuqaqawuli bukaNdikhoyo.

[5] E o som das asas dos querubins podia ser ouvido até no pátio externo, como a voz do Deus Todo-Poderoso, quando ele falava.

[6] Quando o Eterno ordenou ao homem vestido de linho: “Apanha fogo do meio das rodas, dentre os querubins, ele entrou e colocou-se junto a uma roda.

[7] Então um dos querubins estendeu a mão na direção do fogo que flamejava no meio deles, apanhou brasas vivas e colocou-as nas mãos do que estava vestido de linho, que as pegou e saiu.

[8] E surgiu debaixo das asas dos querubins algo semelhante a mãos humanas.

[9] Então fixei o olhar e percebi quatro rodas junto aos querubins, uma roda ao lado de cada querubim; e as rodas reluziam como o berilo.

[10] E as quatro rodas tinham a mesma aparência, como se uma roda estivesse perfeitamente entrosada na outra.

[11] Quando elas se moviam, tinham a capacidade de ir em qualquer das quatro direções possíveis, sem a necessidade de se virarem para o lado; mas andavam sempre em frente, para onde a cabeça dos querubins apontava e as dirigia.

[12] E os corpos, as costas, as mãos, as asas, e as rodas que os quatro querubins possuíam, estavam repletos de olhos por toda parte.

[13] E ouvi que as rodas eram chamadas de Galgal, Turbilhão ou Giratórias.

[14] Cada um dos querubins tinha quatro faces: Um rosto se assemelhava ao de um

[5]Isandi samaphiko ezithunywa ezimaphiko savakala nakwinkundla engaphandle, ngathi lizwi likaThixo uSomandla xa ethetha.

[6]UNdikhoyo wayalela umfo onezambatho zelinen wathi: “Thatha umlilo apho phakathi kwamavili emi ngakwizithunywa ezimaphiko.” Waza umfo lowo ke wema ngasevilini.

[7]Esinye sezithunywa ezimaphiko sasolulela emlilweni isandla saso. Sakha umlilo lowo, sawugalela ezandleni zomfo onezinxibo zelinen, waza ke waphuma nawo.

([8]Kwakukho izinto ezingathi zizandla zomntu phantsi kwamaphiko ezithunywa ezo.)

[9]Ndajonga ndabona amavili amane, lilinye ngakwisithunywa esimaphiko ngasinye; amavili ayebengezela okwekrizolite.

[10]Ngembonakalo ayefana omane. Ivili ngalinye lalingathi linqumleze elinye ivili.

[11]Xa zihamba zisiya nakuliphi na icala kumacala omane ezijonge kuwo izithunywa ezimaphiko amavili ayengajikelezi, izithunywa ezimaphiko zisiya nakweliphi na icala ejonge kulo intloko zingajika-jiki.

[12]Wonke umzimba wazo, umhlana, izandla, namaphiko, wawungamehlo nje, ngokunjalo namavili lawo.

[13]Ndeva amavili la kusithiwa ngabajikelezi.

[14]Isithunywa ngasinye sasinobuso obune: obokuqala yayibobesithunywa esimaphiko,

boi, isto é, querubim; o segundo, de um homem, o terceiro de um leão, e o quarto, de uma águia.

15 Então os querubins partiram em direção às alturas. Eles são os mesmos seres viventes que observei junto ao rio Quebar.

16 E, quando os querubins andavam, as rodas giratórias ao lado deles também se movimentavam; e quando os querubins erguiam suas asas para se elevar da terra, as rodas não deixavam de segui-los de perto.

17 Quando eles paravam, elas também paravam; e quando eles se elevavam, elas se elevavam junto; pois o ânimo das rodas era controlado pelos querubins.

18 Então aconteceu que a Glória de Yahweh afastou-se para longe da entrada do Templo e parou sobre os querubins.

19 Enquanto eu contemplava tudo isso, os querubins estenderam as asas e se elevaram do chão diante dos meus olhos, sempre acompanhados pelas rodas giratórias; e pararam à entrada Oriental do Templo do SENHOR, e a Glória do Deus de Israel estava sobre eles.

20 Ora, estes seres viventes são os mesmos que eu tinha observado debaixo do Deus de Israel, junto ao rio Quebar, e compreendi que eram querubins.

21 Cada um tinha quatro caras e quatro asas, e debaixo de suas asas havia o que parecia ser mãos de homens.

22 Suas faces tinha a mesma aparência daqueles que eu tinha visto próximo ao rio Quebar, e todos se movimentavam sempre

obesibini ibobomntu, obesithathu ibobengonyama, obesine ibobokhozi.

15Zenyuka ke izithunywa ezimaphiko. Yayizeziya zidalwa ziphilayo ndandizibone ngasemlanjeni iKebhare.

16Bezisithi zakusuka izithunywa, namavili ahambe; zithi zakuwatwabulula amaphiko azo izithunywa, zilungiselela ukuphakama emhlabeni, amavili ebengasuki ecaleni lazo.

17Bezithi zakuma izithunywa ezimaphiko, nawo amavili eme; zithi zakuphakama izithunywa ezimaphiko, nawo amavili aphakame, kuba uMoya olawula izidalwa eziphilayo wawuwalawula namavili.

18Ubuqaqawuli bukaNdikhoyo bashenxa emgubasini wendlu kaThixo, bathi gubungu phezu kwezithunywa ezimaphiko.

19Ndisakhangele njalo izithunywa ezo zawatwabulula amaphiko, zenyuka emhlabeni, kwaza ekusukeni kwazo namavili esuka. Zaza zema esangweni elisempuma yendlu kaNdikhoyo, ubuqaqawuli bukaThixo kaSirayeli buhleli phezu kwazo.

20Ezi zidalwa ziphilayo zezi ndazibona zixhase uThixo kaSirayeli ngasemlanjeni iKebhare. Ndaza ke ndaqonda ukuba zizithunywa ezimaphiko.

21Sisinye sasibuso bune, namaphiko emane, nezinto ezingathi zizandla zomntu apha phantsi kwamaphiko.

22Ubuso bazo babufana kanye nobuya ndandibubone ngasemlanjeni iKebhare. Ngasinye ngasinye sasisiya kwelo cala sikhangele ngakulo.

para frente sem nunca virarem para quaisquer dos lados.

Ezequiel 11

O juízo de Deus contra os chefes do povo

1 Então o Espírito me elevou e transportou até a porta Oriental do Templo do SENHOR, que está voltada para leste, o Oriente. Ali, à entrada da porta, havia vinte e cinco homens, e vi entre eles Jazanias, filho de Azur, e Pelatias, filho de Benaia, chefes do povo.

2 Em seguida Yahweh me revelou: "Filho do homem, estes são homens que estão tramando o mal e instruindo toda a cidade a praticar o que é maligno.

3 Isto é o que eles tem ensinado ao povo: 'Ora, não é chegado o tempo de se construir casas? Afinal, esta cidade é uma panela, e nós somos a carne dentro dela!'.

4 Portanto, pregue contra eles; profetiza, filho do homem!"

5 Então o Espírito de Yahweh veio sobre mim e mandou-me dizer: "Assim diz o SENHOR: Ó Casa de Israel, então é assim que tendes dito? Entretanto, Eu conheço bem tudo o que estás pensando!"

6 Multiplicastes os vossos mortos nesta cidade e com eles enchestes as suas ruas."

7 Portanto, assim diz Yahweh, o Soberano Deus: "Os corpos que jogastes nas ruas são igualmente de carne, e, de fato, esta cidade é uma caldeira; contudo, Eu os expulsarei do meio dela!

8 Temeste a espada, mas Eu trarei vossos inimigos armados sobre vós!", assim afirma Yahweh, o Soberano SENHOR.

UHezekile 11

Ukugwetywa kweenkokheli zakwaSirayeli

1Wasuka uMoya wandifunqula wandibeka esangweni lendlu kaNdikhoyo elijonge empumalanga. Apho ekungeneni kwesango kwakukho amadoda angamashumi amabini anesihlanu, phakathi kwawo ndabona uYazaniya unyana ka-Azure, noPelatiya unyana kaBhenaya, iinkokheli zabantu.

2Wathi uNdikhoyo kum: "Mntundini, la ngala madoda enza amayelenqe angendawo neengcebiso ezikhohlakeleyo kwesi sixeko.

3Athi: 'Eli asililo ixesha lokuba kwakhiwe izindlu. Esi sixeko siyimbiza; thina siyinyama ephekwayo.'

4Ngako oko, mntundini, shumayela ubakhalimele. Ndithi shumayela!"

5Wandongamela uMoya kaNdikhoyo, wathi: "Danduluka uthi: Utsho uNdikhoyo ukuthi: Nakuba nina ndlu kaSirayeli nithetha oku, kodwa ndiyazazi iingcinga zenu.

6Nibulele inkitha yabantu kwesi sixeko, zada zazala zizidumbu izitalato.

7"Ngako oko itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Izidumbu zabantu ababulewe nini ziyinyama, isixeko sona siyimbiza, kodwa nina ndiza kunigxotha kwesi sixeko.

8Niyaloyika ikrele, ndaye ndiza kunivisa ikrele, itsho iNgangalala enguNdikhoyo.

[9] "Eu mesmo vos banirei da cidade e os entregarei nas mãos de estrangeiros pagãos e os castigarei severamente!
[10] Eis que caireis, um a um, ao fio da espada do inimigo, e Eu vos julgarei nas fronteiras de Israel. Então todos saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR Deus.
[11] Esta cidade não será uma panela para vós, tampouco sereis simples pedaços de carne dentro dela; Eu os julgarei nas fronteiras de Israel.
[12] E ficareis convictos de que Eu Sou Yahweh, o SENHOR; pois não tendes seguido e praticado os meus decretos, tampouco obedecestes as minhas leis, mas se conformaram aos padrões das nações pagãs que habitam ao vosso redor."
[13] E assim, enquanto eu estava profetizando, Pelatias, filho de Benaia, morreu. Então me joguei ao chão, com o rosto rente ao pó da terra, e clamei com grande voz: "Ah! Yahweh, ó Eterno Soberano! Destruirás, afinal, todo o remanescente de Israel?"

[14] Então a Palavra de Yahweh veio a mim nos seguintes termos:
[15] "Filho do homem, teus irmãos, sim, teus próprios patrícios; os homens de teu parentesco, e toda a Casa de Israel, todos eles são os mesmos sobre os quais os habitantes de Jerusalém têm dito: "Eis que estais longe de Yahweh! É a nós que esta terra, de fato, foi concedida, para ser nossa propriedade exclusiva!'
[16] Portanto, replica a eles: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus! Embora os tenha

[9]Ndiya kunikhuphela ngaphandle kwesi sixeko, ndize ndininikezele kwabasemzini ukunohlwaya.

[10]Niya kufa ngekrele emideni yakwaSirayeli. Ewe, ndiya kunigweba nitsho nindazi ukuba ndinguNdikhoyo.

[11]Esi sixeko asiyi kuba yimbiza, nani aniyi kuba yinyama ephekwayo; ndiya kunigweba ndize ndinohlwaye kwalapha emideni yakwaSirayeli.

[12]Niya kuqonda ke ngoko ukuba mna ndinguNdikhoyo. Kaloku niyityeshele imimiselo yam, naphambuka kwimithetho yam, naza nazibeka mgangathweni mnye nezizwe eziningqongileyo."

[13]Ndathi ndisashumayela njalo, wafa uPelatiya unyana kaBhenaya. Ndawa ngobuso, ndakhala ndadanduluka ndathi: "Awu, Nkosi Ndikhoyo! Ngaba uza kuyitshabalalisa tu nentsalela kaSirayeli?"

Isithembiso sokubuyiswa kwabathinjwa

[14]Ilizwi likaNdikhoyo ndaliva lisithi:

[15]"Mntundini, abantakwenu – abantakwenu abaligazi lakho, nditsho bonke abendlu kaSirayeli abathinjiweyo – ngabo kanye ekuthethwa ngabo ngabemi baseJerusalem kusithiwa: 'Nina nimele kude kuNdikhoyo; lo mhlaba uwunikezele kuthi ukuba ube ngowethu.' "

[16]"Ngako oko yithi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndawagxothela kude emazweni,

mandado para longe entre as nações e os tenha espalhado pelas terras, Eu mesmo lhes servirei de Santuário por algum tempo, nas terras para onde foram expatriados.

ndawasarhaza ezintlangeni, ndaza okwelo xeshana ndasisibingelelo sabo.

[17] Sendo assim, afirma: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus! Eu vos ajuntarei dentre todas as nações para onde os desterrei e vos trarei de volta dessas terras para a terra de onde foram espalhados, e então, lhes devolverei a terra de Israel.

[17]“Ngoku ke yithi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kuniqokelela ezintlangeni, ndinibuyise kuloo mazwe benithe saa kuwo, ndize ndiphinde ndininike umhlaba kaSirayeli.

[18] Eles retornarão à terra que lhes dei e tirarão dela todas as suas imagens abomináveis e todos os seus ídolos detestáveis e inúteis.

[18]Abathinjwa baya kubuyela kuwo, bayisuse phakathi kwabo yonke imifanekiso engamasikizi kwanezithixo ezinezothe.

[19] E lhes concederei um só coração; e colocarei dentro de cada um deles um novo espírito; retirarei deles o coração de pedra e lhes darei um coração de carne.

[19]Ndiya kubenza bandikhonze bengenakumbi, ndibanike umoya omtsha; ndiya kuyikhupha kubo intliziyo eqaqadeke okwelitye, ndibanike intliziyo yentobeko.

[20] Então procederão de acordo com os meus decretos e princípios, e serão zelosos em obedecer as minhas leis. E assim, serão, de fato, o meu povo, e Eu serei o seu Deus!

[3] Dize-lhes: Assim diz o SENHOR Deus: Eis que uma poderosa águia, com grandes asas e plumagem comprida, cheia de penas de várias cores, voou em direção ao Líbano e chegando lá pousou na copa do mais exuberante dos cedros.

[4] Arrancou o broto mais alto e o levou para uma terra de muitos negócios, onde o plantou numa cidade de comerciantes.

[5] Em seguida apanhou um pouco de sementes da sua terra e as depositou em solo fértil e as plantou como se planta salgueiros próximo a muitas águas.

[6] As sementes brotaram e deram origem a uma videira viçosa, mas de baixa estatura. Então seus ramos se voltaram para o alto,

UHezekile 17

Amakhozi amabini nomdiliya

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Mntundini, thetha ngesafobe, wenzele indlu kaSirayeli umzekeliso.

[3]Yithi kubo: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: ELebhanon kwakha kwafika into enkulu yokhozi emaphiko omeleleyo, eentsiba zinde zishinyeneyo zimabala-bala, laza lee ngcu phezu komsedare,

[4]lanqothula elona sebe liphezulu, lemka nalo, laya kwilizwe labarhwebi, laza lalityala kwesinye sezixeko zorhwebo.

[5]Lathatha imbewu kwilizwe lenu, laya kuyityala kumhlaba otyebileyo. Layityala okomngcunube kwindawo enamanzi amaninzi,

[6]yantshula yaba ngumdiliya omfutshane oxandileyo. Amasebe awo ajonga kulo ukhozi, kodwa zona iingcambu zahlala

em direção à águia; enquanto as suas raízes se aprofundavam no solo debaixo dela. E a videira desenvolveu-se vigorosamente, produzindo ramos e brotos viçosos.

ngaphantsi. Yaba ngumdiliya oxandileyo ke, otsho ngamasebe ayokozela amagqabi.

7 Entretanto, havia uma outra grande águia, com asas muito fortes e rica plumagem. A videira lançou suas raízes na direção dessa águia, desde as terras onde estava plantada e estendeu seus ramos para ela na expectativa de alcançar água para si.

7“Kodwa lalukho nolunye ukhozi olumaphiko omeleleyo neentsiba ezishinyeneyo. Ke ngoku iingcambu zomdiliya zanabela ngakulo ukusuka kule ndawo umdiliya utyalwe kuyo, namasebe axandela kulo ukufuna amanzi.

8 Ora, ela estava plantada em terra fértil, perto de muitas águas, para produzir ramos viçosos e dar bons frutos, a fim de se tornar uma videira excelente!

8Wawutyalwe kumhlaba otyebileyo, kufuphi namanzi amaninzi, ukuze uhlume, ukhule, uvelise iziqhamo, ube yinzwakazi yomdiliya.

9 Agora, pois, dize ao povo: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Porventura tal parreira prosperará? A águia não lhe arrancará as raízes e não lhe ceifará os frutos? Fazendo secar todas as folhas de seus brotos? Tudo o que dela brotar secará! Não haverá necessidade de braço forte, nem muitos segadores para arrancá-la pelas próprias raízes.

9“Yithi kubo: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ngaba lo mdiliya uza kuchuma na? Awusayi kuncothulwa na lukhozi lokuqala, lunqothule zonke iziqhamo zawo, uze ubune? Amahlumelo awo onke aya kubuna. Xa uncothulwe emhlabeni akuyi kubakho mfuneko yandoda isisigantsontso okanye iqela labantu.

10 Será que se essa videira for transplantada, vingará? Não secará totalmente quando o vento oriental a atingir? Não ficará a parreira seca, morta na própria cova do seu plantio?”

10Khona ukuba uphinde watyalwa kwenye indawo uya kukhula na? Awukubuna mpela na xa kuthe kwavuthuza ulophu, ubune umi kuloo ndawo ubukhula kuyo?”

11 Mais tarde, veio a mim esta Palavra de Yahweh:

11Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

12 “Diz, pois, à esta Casa rebelde: Como não sabeis o que estas alegorias significam? Ora, explica-lhes assim: O rei da Babilônia veio a Jerusalém, capturou o seu rei e os seus príncipes e os levou cativos para a Babilônia.

12“Yithi kwindlu yoonkanishe: ‘Ngaba aniyazi intsingiselo yezi zinto?’ Yithi kubo: ‘Ukumkani waseBhabheli waya eJerusalem, wamthimba ukumkani walapho nezinxiba-mxhaka zakhe, wabasa eBhabheli,

[13] Depois estabeleceu um pacto com um membro da família real e o colocou sob juramento. Levou também os líderes da terra,

[14] a fim de humilhar o reino e torná-lo incapaz de reerguer-se, garantindo tão somente a sua sobrevivência em troca do fiel cumprimento do seu acordo.

[15] Entretanto, o rei se revoltou contra o rei da Babilônia, enviando seus representantes ao Egito pedindo que se lhe enviassem cavalos e um grande exército. Será que esta manobra surtirá o efeito desejado? Pode uma pessoa agir assim e ainda achar que alcançará sucesso? Alguém que quebra uma aliança desta maneira pode escapar sem castigo?

[16] Ora, tão certo como Eu vivo, eis que prometo, Palavra de Yahweh, o Soberano Deus, que certamente morrerá na Babilônia, na terra do rei que o entronizou, cuja promessa desprezou e cuja aliança quebrou; morrerá, pois, junto dele, na grande cidade dos mercadores.

[17] O Faraó, com seu poderoso exército e seus batalhões, não conseguirá prestar nenhuma ajuda efetiva para ele na guerra, quando rampas militares de assalto forem construídas e obras de cerco forem erguidas a fim de exterminar muitas vidas.

[18] Porque desprezou a palavra empenhada e quebrou um pacto firmado com aperto de mãos, e ainda praticou todos estes ardis, de modo algum escapará do seu castigo!

[19] Portanto, assim declara Yahweh, o SENHOR Deus: juro pela minha vida que Eu mesmo farei cair sobre a cabeça dele a

[13]waza wakhetha omnye kwabegazi, wenza isivumelwano naye, wamfungisa. Wawasusa amadoda amakhulu esizwe,

[14]khon' ukuze ubukumkani buhle, bungabi nakuphakama, bume buyiloo nto ngokugcinwa kwesivumelwano nokumkani waseBhabheli.

[15]Kodwa ukumkani waseJerusalem wamvukela owaseBhabheli, waza wathuma izithunywa eJiputa ukuba ancedwe ngamahashe nomkhosi omkhulu. Ngaba uya kuphumelela? Ngaba umntu owenza izinto ezilolu hlobo uyasinda; nditsho ofumana asikhabe isivumelwano?'

[16]"Ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, úya kufela eBhabheli, kwilizwe laloo kumkani wayembekile waza wasidela isifungo asenze naye, wasaphula isivumelwano.

[17]Ukumkani waseJiputa nomkhosi wakhe oqinileyo oyinyambalala akasayi kumnceda nganto emfazweni, xeshikweni kusakhiwa izikanisi nezinye izixhobo zokungqinga ukuze kufe inyambalala yabantu.

[18]Usidelile isifungo ngokutyeshela umnqophiso. Akayi kusinda, kuba kaloku uzenza zonke ezi zinto ekubeni ebevumelene.

[19]"Ke ngoko ithi iNkosi uNdikhoyo: Ndiyafunga, ndiza kumohlwaya kuba

minha vingança, isto é, castigarei o rei por ter rompido o acordo que mediante meu Nome jurou guardar.

[20] Eis que estenderei a minha rede de juízo sobre ele, e ficará preso no meu laço; e Eu o levarei para a Babilônia, e ali executarei a minha sentença sobre ele porquanto me foi desleal.

[21] Todas as suas tropas cairão ao fio da espada quando estiverem batendo em retirada, e os sobreviventes serão espalhados por todos os ventos; então compreendereis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR Deus! Tenho dito.

[22] Sendo assim, eis o que declara Yahweh, o Soberano Deus: Eu mesmo apanharei um broto do topo do mais vigoroso dos cedros e o plantarei; arrancarei um renovo tenro de seus ramos mais elevados e o plantarei sobre um monte imponente e sublime.

[23] Nos montes mais altos de Israel Eu pessoalmente o plantarei; ele produzirá belos ramos, e dará bons frutos, e se tornará um cedro exuberante. Pássaros de todo tipo se aninharão em sua copa frondosa; todas as aves encontrarão abrigo à sombra de seus galhos.

[24] E todas as árvores do campo saberão que Eu, o SENHOR, faço cair a árvore poderosa e faço crescer alta e vigorosa a árvore baixa. Eu, o Eterno, resseco a árvore viçosa e faço florescer a árvore que estava seca! Eu, Yahweh, assim prometi, assim farei!”

Ezequiel 18

A responsabilidade é pessoal

[1] Esta Palavra de Yahweh veio a mim nestes termos:

uzibizele isiqalekiso ngokuwutyeshela umnqophiso.

[20]Ndiza kumthiyela ngezabatha zam, ndimbambise. Ndiza kuza naye eBhabheli, ndize ndimohlwayele apho, kuba engathembekanga kum.

[21]Wonke umkhosi wakhe osabayo uya kubulawa ngekrele, ize intsalela iphalale. Ngoko niya kundazi ukuba mna Ndikhoyo ndithethile.

[22]“INkosi uNdikhoyo ithi: Mna ngokwam ndiya kukha isebe eliphezulu lomsedare, ndilityale; ndiya kukha ingetye-ngetyana yesebe kwawona aphezulu emthini, ndilityale encotsheni yentaba ephakamileyo.

[23]Ndiya kulityala kweleentaba zakwaSirayeli; liya kutsho ngamasebe, livelise iziqhamo, libe ngumsedare wodidi. Iintlobo-ntlobo zeentaka ziya kwakha iindlwana zazo kuwo; ziya kuhlala emthunzini wamasebe awo.

[24]Yonke imithi yasendle iya kundazi ukuba mna Ndikhoyo ndiyawuwisa umthi omde, omfutshane ndiwenze ube mde. Ndiya wenza ubune umthi oluhlaza, ndiwuhlumise umthi obusowomile. “Ndithethile nje mna Ndikhoyo, ndiya kukwenza oko.”

UHezekile 18

Umntu owonayo uya kufa

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2 “Que quereis dizer, quando citais este antigo adágio no meio do povo de Israel: ‘Os pais comeram uvas verdes, mas os dentes dos filhos é que ficaram embotados’?

3 Tão certo como Eu vivo, eis que prometo, diz o SENHOR Deus, nunca mais se mencionará este dito popular em Israel.

4 Todas as vidas são minhas, tanto a do pai como a do filho; e aquele que pecar é que deve pagar com a própria vida!

5 Se um homem for justo e proceder com retidão e verdade,

6 não comerá alimentos sacrificados, nem frequentará os santuários pagãos erguidos no alto dos montes, tampouco levantará seus olhos em devoção às muitas imagens de ídolos espalhadas pela nação de Israel. Este homem íntegro também não seduz mulheres casadas, contaminando-as; tampouco tem relações sexuais com uma mulher nos dias de sua menstruação.

7 O homem justo não oprime a ninguém, antes, devolve corretamente o que aceitou como garantia num acordo de empréstimo. Não comete furtos nem roubos, antes dividi a sua própria comida com os famintos e veste o que não tem roupas.

8 Não empresta visando lucro, nem cobra juros. Reprimi suas atitudes a fim de não cometer algum erro, e procura julgar com justiça e imparcialidade todas as questões humanas.

9 O justo age de acordo com as minhas leis e princípios, e obedece fielmente os meus mandamentos. Assim, este ser humano justo e leal tem o direito de viver! Oráculo de Yahweh, o SENHOR Deus.

2“Bantundini, nithetha ukuthini ezweni lakwaSirayeli xa nicaphula kweli qhalo lithi: “ ‘Ooyise bâtya iidiliya ezikrwada, suka kwabuthelezi amazinyo abantwana’ ?

3“Ndiyafunga, itsho iNkosi uNdikhoyo, anisayi kuphinda nicaphule kweli qhalo kwaSirayeli.

4Kaloku wonke ophilayo ngowam; nditsho uyise nonyana, bobabini ngabam ngokufanayo. Uya kufa umntu othe wona.

5“Nanku umfo olilungisa, owenza okulungileyo kwaphela:

6akathathi nxaxheba kwizibingelelo zasezintabeni, okanye athembele kwizithixo zendlu kaSirayeli; akamhlazisi umka-mmelwane, okanye alale nomfazi osexesheni;

7akacinezeli mntu, kodwa uyakubuyisa oko bekubanjiswa ngako ebolekisa; akanguye umphangi, koko ubapha ukutya abalambileyo, abambese abahamba ze;

8akaxhaphazi mntu xa ebolekisa, hayi, akabizi nzuzo igabadelayo; akavani nokwenza okungalunganga, ababambeneyo ubagwebela ngolungelelwano.

9Wenza ngokwemimiselo yam, anyaniseke ekugcineni imithetho yam. “Lowo ke ulilungisa; ngenene uya kubudla ubomi, itsho iNkosi uNdikhoyo.

[10] Contudo, suponhamos que ele venha a ter um filho bruto e violento, que se apresse em derramar sangue ou que se torne ladrão; ou ainda que faça qualquer maldade a um de seus semelhantes.

[10]“Mhlawumbi indoda le inonyana othanda ukulwa, aphalaze igazi, okanye ade enze nezinye izinto ezingatshongo khona,

[11] Ora, embora o pai não tenha pessoalmente cometido nenhum desses erros. Esse filho insensato come carne sacrificada a ídolos nos templos pagãos nos montes, seduz e contamina a mulher do próximo,

[11](naxa uyise engazange wazenza ezo zinto): “Uthatha inxaxheba kwizibingelelo zasezintabeni; uyamhlazisa umfazi wommelwane;

[12] engana e oprime os pobres e necessitados; furta e rouba, e ainda se apropria indevidamente de tudo quanto lhe foi confiado como penhor por conta de empréstimo. Frequenta templos pagãos, presta culto a imagens idólatras abomináveis.

[12]uyawacinezela amahlwempu nabasweleyo; ungumphangi; akayibuyisi impahla abeyibanjiswe ngobolekayo; unqula izithixo; wenza amanyundululu;

[13] Busca altos lucros mediante os empréstimos que realiza e cobra juros. Sendo assim, eis que te indago: Porventura deverá viver um homem com este caráter? Ora, claro que não viverá! Certamente morrerá por conta de todas essas malignidades praticadas, será, pois, culpado por sua própria morte!

[13]uyabaxhaphaza abantu xa ebolekisa, ewe, ubiza inzuzo engaphaya. “Ngaba uya kubudla ubomi umntu onjalo? Hayi! Ngokwenza onke la manyundululu umelwe kukufa, avune into abeyihlwayele.

[14] Agora, suponhamos que este filho tenha ele mesmo um filho que vê todos os pecados que seu pai comete e, embora os observe de perto, decide que não os cometerá e assim procede.

[14]“Xa ngaba lo nyana unonyana obubonayo bonke ubugwenxa bukayise, aze athi kunjalo angahambi ekhondweni lakhe:

[15] Este filho não come nos santuários que há nos montes nem olha para os ídolos que estão na Casa de Israel. Não adultera nem contamina a mulher do próximo.

[15]“Akathathi nxaxheba kwizibingelelo zasezintabeni, okanye anqule izithixo zakwaSirayeli; akamhlazisi umka-mmelwane;

[16] Não subjuga a ninguém, nem exige penhores e garantias para os empréstimos

[16]akacinezeli mntu okanye abize isibambiso kulowo ubolekayo; akanguye umphangi,

que faz. Não se mete em furtos e roubos, mas reparte o seu próprio alimento com quem passa fome e ainda fornece roupa aos despidos.

kodwa ubapha ukutya abalambileyo, abambese abahamba ze;

[17] Ele procura manter as suas mãos longe do erro e do pecado, e não empresta ambicionando lucro, tampouco cobra juros. Obedece de coração às minhas leis e procede conforme os meus mandamentos. Ora, um homem assim, não morrerá por causa da impiedade do seu pai; este filho e justo ser humano, com certeza, viverá!

[17]ubethela kude esonweni; akabaqhathi abo ababolekayo, hayi akababizi inzuzo engaphaya; uyayithobela imithetho, enze ngokwemimiselo yam. "Akayi kufa ngenxa yesono sikayise, koko uya kubudla ubomi.

[18] Entretanto, seu pai, morrerá por causa de sua própria iniquidade, porquanto praticou extorsão, roubou seu próprio patrício e fez tudo quanto era errado e maldoso contra os seus semelhantes.

[18]Kodwa yena uyise uya kufa ngenxa yesono sakhe, kuba ebaxhaphazile abantu, wamkhuthuza umntakwabo, wenza okungalunganga kumawabo.

[19] Contudo, ainda podereis perguntar: Por que o filho não partilha igualmente da culpa do pai? Ora, se o filho procedeu com retidão e justiça, e procurou praticar todos os meus estatutos e os cumpriu, com toda certeza ele viverá!

[19]"Niyabuza ke nina: 'Ngani ukuba unyana angalithwali ityala likayise?' Kaloku unyana wenze ubulungisa, wahamba ngokwemiyalelo yam; yena uya kubudla ubomi.

[20] O indivíduo que pecar, este morrerá! O filho não levará a culpa do pai, tampouco o pai será culpado pelo pecado do filho. Assim, a justiça do justo lhe será creditada, e a malignidade do ímpio lhe será devidamente cobrada com a vida.

[20]Ngumntu owonileyo oya kufa. Unyana akayi kulithwala ityala likayise, noyise akayi kulithwala ityala lonyana.Olungileyo uya kuvuzwa ngobulungisa bakhe, okhohlakeleyo ohlwaywe ngenkohlakalo yakhe.

[21] No entanto, se o ímpio se converter de todos os seus pecados cometidos e passar a obedecer os meus decretos e praticar o que é justo e verdadeiro, com certeza viverá e não morrerá!

[21]"Kodwa ukuba okhohlakeleyo uthe wazishiya izono zakhe, wahamba ngokwayo yonke imimiselo yam, wenza okulungileyo nobulungisa, akayi kufa, kodwa uya kubudla ubomi.

[22] Não se fará recordação de nenhuma das suas ofensas que cometeu. Por causa das

[22]Zonke izikreqo azenzileyo aziyi kuphinda zikhunjulwe. Uya kudla ubomi ngenxa yobulungisa abenzileyo.

atitudes corretas que passou a exercer, ele viverá.

[23] Afinal, teria Eu alguma alegria na morte do ímpio? Palavra de Yahweh, o Soberano Deus. Ao contrário, porventura não me dá muito prazer ver o ímpio converter-se dos seus maus caminhos e viver?

[24] Se, porém, um justo se desviar da verdade e da justiça, e cometer erros e pecados, e todas as práticas abomináveis dos iníquos, deverá ele viver? Nenhum de seus possíveis atos justos será levado em conta! Devido à infidelidade de que é culpado e por causa dos pecados que praticou, sem apelação, ele morrerá.

[25] Porém costumais argumentar: 'O caminho do Eterno não é justo'. Ouve bem, ó Casa de Israel! Porventura o meu Caminho não é justo? Ou não são os vossos muitos caminhos que são injustos?

[26] Se uma pessoa justa desviar-se da verdade e cometer pecado, ela morrerá por conta do seu erro; por causa da malignidade que praticou morrerá!

[27] Mas, se um ímpio se desviar de sua maldade e fizer o que é reto e justo, ele conservará a sua própria vida.

[28] Por refletir sobre todas as ofensas que cometeu e se arrepender de havê-las praticado, desviando-se delas, esta pessoa, com certeza, viverá; não perecerá!

[29] Contudo, a nação de Israel costuma dizer: 'O caminho do SENHOR não é justo'. Ora, ora! Então o meu Caminho é injusto, ó Casa de Israel? Ou será que não são os vossos caminhos que são injustos?

[23]Nanku ke umlomo weNkosi uNdikhoyo: Ngaba kuyandikholisa na ukufa komntu okhohlakeleyo? Hayi bo, into endikholisayo kukuba azijike iindlela zakhe, aze adle ubomi.

[24]"Xa ilungisa libulahla ubulungisa, lize lingene enkohlakalweni, lenze amanyundululu abefudula esenziwa ngokhohlakeleyo, lingabudla njani ubomi? Bonke ubulungisa ebelifudula libenza abuyi kuba sakhunjulwa. Liya kufa kuba lingathembekanga, lifela izono zalo.

[25]"Ke nina nithi: 'Inkqubo kaNdikhoyo ayinalungelelwano.' Phulaphula, ndlu kaSirayeli: Ngaba inkqubo yam asiyiyo eyolungelelwano na? Yinkqubo yenu kaloku engenalo ulungelelwano.

[26]Ukuba ilungisa lithe laphambuka ebulungiseni, lenza isono, liya kufa ngenxa yesono eso.

[27]Kodwa ukuba okhohlakeleyo uthe wayilahla inkohlakalo yakhe, wenza ubulungisa, ngokwenjenjalo uya kubusindisa ubomi bakhe.

[28]Kuba eziqondile iziphoso zakhe, waza wazilahla, akayi kufa, koko uya kudla ubomi.

[29]Kodwa ke noko indlu kaSirayeli isatsho ukuthi: 'Inkqubo kaNdikhoyo ayinalungelelwano.' Ndlu kaSirayeli, inolungelelwano inkqubo yam. Ziindlela zenu ezingenalo ulungelelwano.

[30] Portanto, ó nação de Israel, Eu mesmo os julgarei, a cada um de vós segundo os vossos próprios caminhos! Palavra de Yahweh, o SENHOR Deus. Vinde, pois, depressa, e convertei-vos todos vós de todas as vossas transgressões, a fim de que a malignidade não vos lance à perdição.

[31] Livrai-vos de todos os erros e maldades que praticastes contra a minha pessoa; criai em vós um coração renovado, e um espírito novo; por que havereis de escolher a morte, ó Casa de Israel?

[32] Porquanto não tenho nenhum prazer na morte de quem quer que seja, afirma Yahweh, o SENHOR Deus. Convertei-vos, pois, e vivei!

Ezequiel 19

O lamento da leoa. A parábola da videira

[1] "Levanta, pois, um lamento pelos príncipes de Israel!

[2] E exclama: Que leoa foi tua mãe entre todos os leões! Ela deitava-se entre os seus leõezinhos para protegê-los e assim criava sua ninhada.

[3] Um de seus filhotes tornou-se um leão muito forte. Ele aprendeu a despedaçar suas presas e chegou a devorar homens.

[4] As nações ouviram a seu respeito, e ele foi capturado na armadilha que elas cavaram no chão; ataram ganchos em seu nariz e o levaram cativo para o Egito.

[5] Assim que a leoa percebeu que a sua esperança não se cumpria e seria frustrada; quando viu que se fora a sua grande expectativa, escolheu outro de seus filhotes e fez dele um leão robusto e corajoso.

[30]"Ngako oko, ndlu kaSirayeli, umntu ngamnye kuni ndiza kumgweba ngokwezenzo zakhe, itsho iNkosi uNdikhoyo. Guqukani! Rhoxani kuzo zonke izikreqo enizenzayo, ukuze ningatshabalali ngenxa yenkohlakalo yenu.

[31]Yahlukanani nezikreqo ebenifudula nizenza, nizifumanele intliziyo entsha, nomoya omtsha. Ngani ukuba nife, ndlu kaSirayeli?

[32]Andikholiswa kukufa kwakhe nabani na, itsho iNkosi uNdikhoyo. Guqukani, nidle ubomi!"

UHezekile 19

Ukulilela iinkosi zakwaSirayeli

[1]"Yitsho ngesililo ngenxa yeenkosi zakwaSirayeli,

[2]uthi: " 'Unyoko wayeyingonyama phakathi kweengonyama! Ubebuthuma phakathi kwamathole eengonyama, esanyisa amathole akhe.

[3]Walondla lakhula elinye ithol' iduna, languxholovane wengonyama. Yafund' ukudlavuz' ixhoba, yawathi nqwam-nqwam amadoda.

[4]Yaduma ezizweni, bayombela umgibe, yabanjiswa. Bayirhola ngamagwegwe, baya nayo eJiputa.

[5]" 'Akuphela amathemba kunina, lakuba iqhayiya lakhe limkile, wathabatha elinye kumathole akhe, walenza uxholovane wengonyama.

6 Ele caminhou altivo entre os demais leões, pois se tornara um grande leão. Aprendeu a despedaçar suas presas e a devorar guerreiros.
7 Devastou palácios e fortalezas, destruiu cidades; cada vez que rugia o povo da sua terra tremia de medo!
8 No entanto, as nações vizinhas se juntaram para atacá-lo. Estenderam sua rede para apanhá-lo, e ele foi pego na cilada que lhe armaram.
9 Mediante ganchos fixados em seu nariz os povos das nações o puxaram para dentro de uma jaula e o conduziram cativo ao rei da Babilônia. Jogaram-no em uma prisão de modo que não se ouviu mais o seu rugido nos montes de Israel.
10 Ó israelitas! Tua mãe era como uma videira viçosa plantada junto às muitas águas; ela deu muitos e bons frutos, e encheu-se de ramos, graças às muitas águas.
11 Seus ramos eram vigorosos, próprios para o cetro de um governante. Ela se desenvolveu muito e cresceu tanto que sua exuberante folhagem sobressaia na paisagem; sua folhagem espessa chamava a atenção de todos por sua altura e pela grande quantidade de ramos.
12 Contudo, ela foi arrancada com violência e atirada ao chão. Então chegou o vento oriental e a fez murchar. Seus frutos foram ceifados, seus fortes galhos secaram e foram todos consumidos pelo fogo.
13 Agora, o que sobrou da videira, foi transplantado no deserto, numa terra seca e sedenta.

6Yanyalasa phakathi kweengonyama, kuba kaloku yayisisigantsontso sengonyama; yafunda ukudlavuza amaxhoba nokuwathi nqwam-nqwam amadoda.
7Yangena ezililini zawo, yenza iziqwenga ezixekweni. Yaduma larhwaqela lonke ilizwe kwanabo bangabemi balo.
8Zayivukela izizwe, nabantu bemimandla esondeleyo; bayithiyela ngezabatha, yabhajiswa emgibeni wabo.
9Bayirhola ngamagwegwe, bayifaka ehokweni; beza nayo kukumkani waseBhabheli, yavalelwa entolongweni. Awabe uphinde uviwe umgqumo wayo kwiintaba zakwaSirayeli.
10“ ‘Unyoko ubenjengomdiliya okuvelisileyo, otyalwe kufuphi namanzi, uqhamile uyokozela amasebe kuba emaninzi amanzi.
11Ebomelele amasebe awo, efanele intonga yabalawuli. Ubumde, ubuvelele utyani, ubalasele ngobude nangamasebe ashinyeneyo.
12Ngomsindo wancothulwa, wawiswa phantsi emhlabeni; wabuna lulophu, zavuthuluka iziqhamo; loma isebe elomeleleyo, labaswa emlilweni.
13Kungokunje utyalwe entlango, kumhlaba owome nko.

[14] O fogo espalhou-se de um dos seus ramos mais fortes e consumiu toda a ramagem. Nela não há mais nenhum ramo vigoroso para servir de cetro para governar. Esta, pois, é uma canção de pesar, e como lamento será sempre declamada.”

Ezequiel 20

As abominações da casa de Israel depois do êxodo

[1] E aconteceu que no décimo dia do quinto mês do sétimo ano do exílio, alguns dos anciãos e líderes de Israel vieram pedir-me que consultasse Yahweh, e sentaram ao meu redor.

[2] Então o SENHOR respondeu, e me veio a Palavra de Yahweh nestes termos:

[3] “Ó querido filho do homem, fala, pois, aos anciãos e líderes de Israel e dize-lhes: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Ora, agora vindes consultar-me? Pois tão certo como Eu vivo, não me deixarei ser questionado por vós, afirma o Eterno Deus.

[4] Porventura tu, profeta, os julgarás? Então abre a tua boca, filho do homem, e julga-os agora! Confronta-os com as práticas abomináveis dos seus pais e antepassados,

[5] e declara: Assim diz Yahweh, o Soberano Deus: No dia em que escolhi Israel, jurei com a mão erguida aos descendentes da família de Jacó e me revelei a eles no Egito. Com a mão levantada Eu lhes afirmei: Eu Sou Yahweh, o SENHOR, o teu Deus!

[6] Naquele dia jurei a eles que os libertaria do Egito e os tiraria daquelas terras para levá-los à uma terra que Eu mesmo havia preparado para eles, terra onde manam leite

[14]Umlilo wanwenwela kwelinye lamasebe awo, zatsha iziqhamo. Akusekho sebe lomeleleyo elifanele intonga yabalawuli.’ “Sisililo esi; masibe sisililo ke.”

UHezekile 20

AmaSirayeli anenkani

[1]Ngosuku lweshumi kwinyanga yesihlanu ngonyaka wesixhenxe, kweza kum iqela lamadoda amakhulu akwaSirayeli, ahlala phambi kwam, eze kubuzisa kuNdikhoyo.

[2]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[3]“Mntundini, thetha namadoda amakhulu akwaSirayeli, uthi kuwo: Ithi iNgangalala uNdikhoyo: Nize kubuzisa kum na? Ngokwenene ndiyafunga andiyi kunivumela nibuzise kum, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

[4]“Mntundini, bagwebe! Ewe, bagwebe! Baxelele ngezenzo ezinezothe zooyise,

[5]uthi kubo: Naku okuthethwa yiNgangalala uNdikhoyo: Mhla ndazinyulela uSirayeli, ndafunga ndamisa izibhozo phambi kwesizukulwana sendlu kaYakobi, ndaza ndazityhila kubo eJiputa. Ewe, ndamisa isibhozo, ndathi kubo: ‘Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu.’

[6]Ngaloo mhla ndafunga kubo ndathi ndiya kubakhupha eJiputa, ndibase kwilizwe endibafunele lona, ilizwe eliphuphuma

e mel; a mais linda e exuberante de todas as terras.

[7] Então, naquela época, Eu lhes ordenei: Tirai dentre vós as imagens idólatras e nojentas que encantam vossos olhos e não vos contamineis com os ídolos do Egito; eis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR vosso Deus!

[8] Contudo, o meu povo se rebelou contra a minha pessoa e não quis me dar atenção; não se desfizeram das abominações que cultuavam e encantavam seus sentidos, tampouco abandonaram os ídolos do Egito. Então Eu prometi que derramaria sobre a cabeça deles a minha ira, a fim de satisfazer toda a minha indignação contra eles no meio da terra do Egito.

[9] Entretanto, Eu acabei agindo por amor ao meu Nome, evitando que o meu Nome fosse achincalhado e profanado diante de todas as nações pagãs, no meio das quais o meu povo se encontrava, aos olhos de quem Eu pessoalmente havia me revelado e dado a conhecer, arrancando-os da terra do Egito.

[10] Por este motivo Eu os livrei das terras do Egito e os trouxe para o deserto.

[11] Eu lhes entreguei os meus estatutos e decretos, e mostrei-lhes as minhas leis, pelas quais todo ser humano viverá ao obedecê-las.

[12] Do mesmo modo lhes concedi os meus shabbãths, sábados, como um sinal entre nós, para que compreendessem que Eu Sou Yahweh, o SENHOR que os santifica.

[13] No entanto, toda a Casa de Israel se rebelou contra mim enquanto caminhava pelo deserto; não souberam andar de acordo com as minhas ordenanças, e rejeitaram as

ubisi nobusi, elona lizwe lilibhongo emazweni.

[7]Ndaza ndathi kubo: ‘Omnye nomnye kuni makahlukane nemifanekiso enezothe esenizimisele kuyo, niyeke ukuzigqwalisa ngezithixo zaseJiputa. Ndim uNdikhoyo uThixo wenu.’

[8]“Bandivukela, bala ukundiphulaphula, abayilahla imifanekiso enezothe ababezimisele kuyo, abazilahla izithixo zaseJiputa. Ndatsho ke ukuthi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam; baya kuwuva umsindo wam eJiputa.

[9]Kodwa ngenxa yegama lam ndenza ngako konke ukuba lingabandakanywa nokungendawo zizizwe abahlala phakathi kwazo nendizityhile phambi kwazo kumaSirayeli xa ndandiwakhupha eJiputa.

[10]Ndawakhupha ke eJiputa, ndaza ndawazisa entlango.

[11]Ndawanika imimiselo yam, ndawabekela nemithetho yam, ngokuba umntu oyithobelayo uya kudla ubomi ngayo.

[12]Ndada ndawamisela iMihla yam yokuPhumla njengomqondiso phakathi kwam nawo, ukuze azi ukuba mna Ndikhoyo ndiwenze abantu ababodwa.

[13]“Kodwa kuko konke oku abantu bakwaSirayeli bandivukela entlango, bayityeshela imimiselo yam, bayilahla imithetho yam – nakuba lowo uyithobelayo

minhas leis, pelas quais aquele que as obedecer por elas também viverá; mas profanaram descaradamente os meus shabbãths, sábados; então Eu prometi que derramaria sobre eles todo o meu zelo em forma de furor, a fim de destruí-los na travessia do deserto.

eya kudla ubomi ngenxa yayo – bayinyelisa kwaphela iMihla yam yokuPhumla. Ndatsho ukuthi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, ndibatshabalalise entlango.

14 Contudo, por amor do meu Nome, Eu agi, evitando que o meu Nome fosse desonrado perante os olhos de todas as nações, à vista das quais Eu mesmo os havia feito sair.

14Kodwa ngenxa yegama lam ndenza ngako konke ukuba lingenyeliswa emehlweni ezizwe abahlala phakathi kwazo nezandibona xa ndadibakhupha.

15 Porém, Eu também lhes jurei de mão levantada na travessia do deserto, que não os faria adentrar a terra que lhes tinha concedido, onde manam leite e mel, que é a glória de todas as terras;

15Kwakhona ndafunga entlango ndisithi andiyi kubasa kwilizwe endabanika lona, ilizwe eliphuphuma ubisi nobusi, ilizwe elilibhongo emazweni,

16 porquanto rejeitaram as minhas normas e não andaram segundo os meus estatutos e decretos, e desonraram os meus shabbãths, sábados, pois o seu coração seguia os seus ídolos.

16kuba bayilahla imithetho yam, baza bayityeshela imimiselo yam, bayinyelisa iMihla yam yokuPhumla. Kaloku babethe swii zizithixo zabo.

17 Apesar de tudo, os meus olhos os contemplaram com misericórdia e, por isso, não os castiguei com a morte, nem os exterminei por completo no deserto.

17Kodwa ke noko ndaba nenceba kubo, ndaza andabatshabalalisa baphelele entlango.

18 Mas Eu ordenei aos filhos deles na travessia do deserto: Não andeis conforme as normas e costumes de vossos pais, nem obedeçais às suas ordenanças, tampouco vos deixes contaminar com os seus cultos idólatras.

18Entlango ndithe kubantwana babo: ‘Maze ningahambi ngemimiselo yooyihlo, okanye nithobele imithetho yabo, nizigqwalise ngezithixo zabo.

19 Eu Sou Yahweh, o SENHOR vosso Deus; caminhai, pois, de acordo com os meus estatutos e obedecei às minhas leis!

19Mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu; yenzani ngokwemimiselo yam, niyithobele imithetho yam ngononelelo.

20 Santificai os meus shabbãths, sábados, que servirão de sinal entre mim e vós, para

20Yigcineni iyodwa iMila yam yokuPhumla, ukuze ibe ngumqondiso phakathi kwam

que entendais que Eu Sou Yahweh, o SENHOR vosso Deus.

[21] Mas os filhos também se amotinaram contra a minha pessoa; não andaram segundo os meus decretos, não tiveram o cuidado de obedecer às minhas leis, sendo que aquele que lhes obedecer viverá por elas, e profanaram os meus shabbāths, sábados. Por este motivo Eu afirmei que derramaria o meu furor sobre a cabeça de cada um deles e os castigaria com a minha indignação na travessia do deserto.

[22] Contudo, contive o meu braço, e procedi por amor do meu Nome, para que não fosse desonrado à vista de todas as nações pagãs diante das quais libertei o meu povo e os fiz sair para uma nova terra.

[23] Também lhes jurei de mão erguida que os espalharia entre os povos e os dispersaria entre as nações;

[24] porque não haviam respeitado e praticado as minhas leis, mas desprezaram os meus estatutos e decretos, e profanaram os meus shabbāths, sábados, e se deixaram encantar pelas imagens idólatras cultuadas por seus pais.

[25] Por isso também lhes abandonei à mercê de ordenanças que não eram boas e a determinações pelas quais não conseguiam viver;

[26] e os abandonei para que se contaminassem com a malignidade de suas próprias ofertas, isto é, pelo holocausto de cada filho mais velho, para que Eu mesmo os enchesse de horror, a fim de que compreendessem que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

nani. Kwakuba njalo niya kwazi ukuba mna ndinguNdikhoyo uThixo wenu.’

[21]“Kodwa nabo abantwana bandivukela, bayityeshela imimiselo yam, baza abayigcina imithetho, nakuba umntu oyithobelayo aya kudla ubomi ngayo, bayinyelisa iMihla yam yokuPhumla. Ngako oko ndathi ndiya kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, uphelele kubo umsindo wam entlango apho.

[22]“Kodwa ke noko ndazibamba ngenxa yegama lam, ndenza ngako konke endinako ukuba linganyeliswa ezintlangeni abahleli phakathi kwazo nezandibonayo xa ndandibakhupha.

[23]Ndaza ke entlango apho ndafunga kubo ndiphakamise isibhozo ukuba ndiya kubacitha-chitha babe ziimbacu emazweni,

[24]kuba kaloku abayithobelanga imithetho yam, bayilahla nemimiselo yam, bayinyelisa neMihla yam yokuPhumla, balangazelela izithixo zooyise.

[25]Ndabayeka bahamba ngemimiselo engeyiyo, bathobela nemithetho abangenakudla ubomi ngayo;

[26]ndabayeka bazigqwalisa ngeminikelo yabo – idini lezibulo – khon' ukuze batsho barhwaqele, ze bandazi mna ukuba ndinguNdikhoyo.

[27] Sendo assim, ó querido filho do homem, fala à nação de Israel, e dize-lhe: Assim diz o Yahweh, o Soberano Deus: Nisto os teus pais e antepassados também blasfemaram contra mim ao me desprezarem;
[28] pois quando Eu os fiz adentrar na terra que jurei que lhes concederia, eles não resistiram ao encanto de seus ídolos e transformaram todo monte alto e toda árvore frondosa em altares, e ali ofereciam os seus sacrifícios; faziam suas ofertas pagãs que provocavam a fúria do meu zelo, e ainda queimavam incenso aromático, e derramavam suas ofertas de bebidas.
[29] Indaguei-lhes então: Que altar é esse no monte para o qual estais indo? E, por este motivo, o nome dele ficou sendo Bamah, altar idólatra, até o dia de hoje.

[30] Portanto, declara à Casa de Israel: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Porventura vos contaminais a vós mesmos, como vossos pais e antepassados? E vos prostituís com as suas malignidades?
[31] E, ao oferecerdes as vossas dádivas, quando sacrificais em holocausto os vossos próprios filhos, apenas continuais a contaminar-se mais e mais com todos os seus ídolos, e isso até o presente momento! Ora, será que agora deverei permitir que me consulteis, ó nação de Israel? Juro pela minha vida, Palavra do SENHOR, que não atenderei ao vosso chamado nem a vossa consulta.
[32] E tendes murmurado: ‘Queremos ser como as nações pagãs, como os povos do mundo, que servem a ídolos e imagens de

[27]“Ngoko ke, mntundini, thetha nabantu bakwaSirayeli, uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ooyihlo bandinyelisa ngokungathembeki.

[28]“Ndathi ndakufika nabo kumhlaba endandifungile ukuba ndiya kubanika wona, bona baba ngábona induli ephakamileyo okanye umthi oqhamileyo, basuka benza amadini neminikelo, into eyandixhokonxayo, bade banikela nangeziqhumiso ezivumba limnandi nangezinto ezithululwayo.

[29]Ndabuza ndathi kubo: ‘Sisiphi esi sibingelelo niquqela kuso?’ ” (Nanamhla oku kuthiwa sisibingelelo.)

Isigwebo nobuyiselo

[30]“Ke ngoko yithi kwindlu kaSirayeli: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ngaba niza kuzigqwalisa nixele ooyihlo, nilangazelela izithixo ezinezothe?

[31]Xa ninikezela izipho zenu – idini elingoonyana benu emlilweni – niyazigqwalisa nangoku ngezithixo zenu. Ke, mzi kaSirayeli, nithi mandiniyeke nibuzise kum? Ndiyafunga, mna Nkosi Ndikhoyo, andisokuze ndiyivume loo nto.

[32]“Nina nithi: ‘Sifuna ukufana nezinye iintlanga, nabanye abantu behlabathi

madeira e pedra!' Todavia, de modo algum sucederá o que estais cogitando!

[33] Tão certo como Eu vivo, assevera Yahweh, o SENHOR Deus, certamente reinarei sobre vós com mão poderosa e braço forte; e derramarei sobre vós toda a minha indignação!

[34] E vos arrancarei do meio dos povos e vos congregarei trazidos de todas as nações da terra às quais fostes espalhados, com mão poderosa e braço forte, e mediante toda a ira do meu zelo que já transbordou.

[35] Eis que vos trarei para o deserto das nações pagãs e ali, face a face, executarei o meu juízo sobre vós.

[36] Do mesmo modo como julguei vossos pais e antepassados no deserto do Egito, assim também os julgarei. Palavra de Yahweh, o SENHOR Soberano!

[37] Eis que farei passar sobre os vossos lombos a minha vara de correção! Eu vos disciplinarei e vos farei entrar no vinculo da Aliança;

[38] e separarei dentre vós os amotinados, desobedientes e que se rebelam contra mim; Eu mesmo os tirarei das terras das suas peregrinações, mas não permitirei que retornem à terra de Israel; a fim de que compreendam que Eu Sou Yahweh, o Eterno!

[39] Quanto a vós, ó nação de Israel, assim declara Yahweh, o SENHOR Deus: Ide, pois, cada um cultuar os seus próprios ídolos; contudo, mais tarde havereis de me ouvir e não desonrareis mais o meu santo Nome mediante vossas dádivas e oferendas às vossas imagens idólatras.

abanqula umthi nelitye.' Kodwa ayisokuze ihle loo nto niyifunayo.

[33]Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiyafunga, ndiza kunilawula ngesandla esigadalala, niyive ingqumbo yam.

[34]Ngamandla am amakhulu ndiya kuniphuthuma ezizweni, ndinibuyise emazweni ebenibhacele kuwo ngenxa yengqumbo yam.

[35]Ndiya kunibeka kwintlango yeentlanga, ndinigwebe sijongene ubuso ngobuso.

[36]"Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiya kunigweba njengoko ndandenzile kooyihlo kwintlango yaseJiputa.

[37]Ndiya kunalusa nihambe phantsi komsimelelo wam, ndinifake phantsi kwembophelelo yomnqophiso.

[38]"Ndiya kubakhuphela ngaphandle abo banenkani bandivukelayo. Nakuba ndiya kubakhupha kwilizwe abaphambukele kulo, kodwa abayi kungena kwilizwe lakwaSirayeli. Niya kuqonda ngoko ukuba ndinguNdikhoyo.

[39]"Kuni ke, ndlu kaSirayeli, itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Hambani nonke ngabanye, niye kunqula izithixo zenu ezinezothe. Kodwa kamva niya kundiphulaphula, nahlukane nokunyelisa igama lam elingcwele ngeminikelo nezithixo zenu.

[40] Porquanto afirma o SENHOR Soberano Deus: Toda a casa de Israel sobre a face da terra, toda ela, haverá de me adorar e cultuar no meu santo monte, no alto monte de Israel; ali vos aceitarei e receberei com prazer os vossos sacrifícios e as primícias das vossas dádivas, junto com todas as vossas ofertas sagradas.

[41] Eu as aceitarei como incenso puro, aroma suave; quando Eu vos fizer retornar de todos os países para onde foram expatriados e vos congregar junto a mim; então serei santificado em vós, à vista das nações.

[42] Assim, pois, entendereis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR, quando Eu vos fizer entrar na terra de Israel, na terra que jurei dar a vossos pais e antepassados.

[43] E, chegando à terra de Israel, vos lembrareis de todos os vossos caminhos e das práticas com as quais vos tendes contaminado; e tereis nojo de vós mesmos, por causa de todas as atitudes malignas que tendes cometido.

[44] Assim compreendereis que Eu Sou Yahweh, quando Eu agir para convosco por amor do meu santo Nome; não segundo o vosso procedimento corrupto e abominável, ó Casa de Israel! Palavra do SENHOR Soberano Deus."

[45] Então veio a mim a Palavra de Yahweh, dizendo:

[46] Ó filho do homem, vira o teu rosto para o Sul e derrama as tuas palavras contra Judá; profetiza contra a floresta da terra do Neguebe, no Sul.

[40]"Nanku umlomo weNkosi uNdikhoyo: Phezu kwentaba yam eyodwa, intaba ephakamileyo kaSirayeli, apho kanye elizweni, kulapho iya kundinqula khona indlu kaSirayeli iphela, nam ndoyamkela. Apho ndiya kuyifuna imirhumo yenu neminikelo yenu ekhethiweyo kwakunye namadini enu awodwa.

[41]Ndiya kunamkela okwesiqhumiso esivumba limnandi xa ndiniphuthuma ezizweni ndinihlanganisa kuloo mazwe nibhacele kuwo, ndize ndizityhile ubungcwele bam kuni, ezinye izizwe zibona.

[42]Niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa ndiningenisa elizweni lakwaSirayeli, ilizwe endafunga ndamisa isibhozo ukuba ndiya kulinikezela kooyihlo.

[43]Apho ke niya kuyikhumbula indlela ebeniziphethe ngayo, nezenzo zenu ezinigqwalisileyo, nize nizizonde ngobugwenxa benu.

[44]Niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo xa sendinibonelela egameni lam, ndingazinanze nganto iindlela zenu ezigwenxa nezenzo zenu zenkohlakalo, ndlu kaSirayeli. Nguwo lowo umlomo weNgangalala iNkosi uNdikhoyo."

Intshumayelo echasene nomzantsi

[45]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[46]"Mntundini, bheka emzantsi, wenze intshumayelo echasene nomzantsi namahlathi awo.

[47] Abre a tua boca e diz à floresta do Sul: Ouve a Palavra de Yahweh: Assim diz o SENHOR Soberano Deus: Eis que Eu acenderei em ti um fogo que consumirá todas as tuas árvores, tanto as verdes e viçosas quanto as fracas e secas. A chama abrasadora não poderá ser apagada, e todos os rostos, desde o Sul até no Norte, serão incendiados por ela.

[48] E todos verão que Eu, Yahweh, o SENHOR, mandei esse fogo; e o incêndio que determinei não será apagado!"

[49] Então, eu expressei minha preocupação: Ah, Soberano Yahweh! Eis que estão comentando a meu respeito: 'Será que este profeta não está apenas contando mais algumas parábolas?'

Ezequiel 21

A espada do Senhor

[1] Então, uma vez mais, veio a mim a Palavra de Yahweh, nestes termos:

[2] "Ó querido filho do homem, vira a tua face para Jerusalém e prega contra os santuários, os locais onde o povo tem se dedicado à idolatria.

[3] E diz ao povo de Israel: Assim diz o SENHOR: Eis que Eu me disponho contra ti. Tirarei a espada da bainha e exterminarei o justo e o ímpio do meio de ti.

[4] Uma vez que Eu vou aniquilar o justo e o ímpio indistintamente, é certo que estarei empunhando a minha espada contra todos, desde o Sul, no Neguebe, até o Norte.

[5] Então todos saberão que Eu, o Eterno, tirei a espada da bainha e jamais tornarei a guardá-la.

[47]Yithi kwihlathi lomzantsi: Live izwi likaNdikhoyo. Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kukuntumeka ngomlilo oya kutshisa yonke imithi yakho eluhlaza neyomileyo. Akukho uya kulicima idangatye elivuthayo elosuka ligqatse bonke ubuso ngezantsi nangentla elizweni.

[48]Wonke umntu uya kuqonda ukuba ngumlilo ophenjwe ndim Ndikhoyo, kuba awuyi kucima."

[49]Ndithe ke mna: "Yini, Ngangalala Ndikhoyo, baza kuthi: 'Úyantsonkotha kwakhona!' "

UHezekile 21

IBhabheli likrele lokugweba likaThixo

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Mntundini, bhekisa eJerusalem, usikhalimele isibingelelo kwanelizwe lakwaSirayeli.

[3]Yithi kulo: Utsho uNdikhoyo ukuthi: Ndichasene nawe! Ndiya kulithi rhuthu ikrele lam esingxobeni salo, lidle kolilungisa nakokhohlakeleyo ngokufanayo.

[4]Njengoko ndiza kubulala olilungisa nokhohlakeleyo ikrele lam liza kugwaza bonke abantu ukusuka emzantsi kuye emntla.

[5]Baya kuqonda ngoko ke bonke abantu ukuba mna Ndikhoyo ndilikhuphile ikrele lam esingxobeni salo; kwaye alisokube liphinde libuyele.

[6] Portanto, ó filho do homem, pode começar a lamentar-se e a gemer diante do povo com o coração partido de amargura e tristeza.

[7] E quando lhe indagarem: 'Por que te lamentas com tamanha comoção?' Responderás: Ah, meu povo! É por causa das terríveis notícias que chegaram ao meu conhecimento: Eis que todo coração se derreterá de pavor e aflição; assim como toda mão perderá a força, e todo o espírito desmaiará de angústia; todo o joelho se tornará como água, incapaz de sustentar o corpo. Eis, portanto, que a destruição vem chegando! Não há a menor dúvida sobre o horror que se aproxima a galope! Palavra do Soberano, Yahweh, o SENHOR.

[8] Em seguida, eis que veio a mim mais esta Palavra do SENHOR:

[9] "Ó filho do homem, abre a tua boca e profetiza: Assim diz Yahweh: Eis que uma espada está pronta: afiada e polida;

[10] afiada e preparada para a matança; polida para resplandecer como relâmpago na tempestade! Ora, porventura vamos regozijar-nos com o cetro do meu filho Judá? A arrogância do meu povo, Judá, o fez rejeitar todos os meus conselhos e castigos.

[11] Eis que a espada já foi enviada para o polimento, a fim de que esteja afiada e pronta para ser manejada pelas mãos hábeis do exterminador.

[12] Grita e clama, ó filho do homem, porquanto a espada brandirá contra o meu povo, o meu filho Judá; contra todos os chefes de Israel. Eles estão entregues ao fio da espada, juntamente com o meu povo.

[6]"Ngako oko, mntundini, yenza incwina! Yenze phambi kwabo incwina yentliziyo eyaphukileyo nokudandatheka okukhulu.

[7]Bakuthi bakubuza: 'Yincwina yani na le uyenzayo?' wophendula ngelithi: 'Ndenziwa ludaba oluzayo. Luya kuzenza iintliziyo zibe nedyudyu, aphele amandla ezandleni; iya kudakumba imiphefumlo, agevezele amadolo.' Luyeza! Luyeza, itsho iNkosi uNdikhoyo."

[8]Ndive ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[9]"Mntundini, shumayela uthi: Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Ikrele, ikrele, intshengeca ebengezelayo,

[10]eseyilungele ukugwaza, ibengezela okombane ulenyeza. Khawutsho, nyana, ngaba singavuya na umsimelelo ugeca yonk' imithi?

[11]Ikrele selilungele ukusulwa ligude lize kuthiwa hlasi ngesandla; ewe, lilolwe labengezela, lilungele isandla somgwazi.

[12]Khala wenze isijwili, mntundini, kuba liza kudla kubantu bam, liza kudla ezinkosini zakwaSirayeli. Ziza kuba sisisulu sekrele zona nabantu bam. Hlunguzelisa intloko wena;

Lamenta, pois, batendo com desespero em teu peito!

13 É certo que a prova chegará; e o que acontecerá se o cetro de Judá, que despreza o juízo da espada, não puder mais existir? Oráculo de Yahweh, o SENHOR Deus.

13luyeza lona uvavanyo. Bekutheni ukuze uwudele umsimelelo? Hayi, alusayi kuba nampumelelo, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

14 Ó filho do homem, profetiza, pois, e bate as mãos, uma contra a outra. Que a espada do juízo golpeie não uma nem duas, mas três vezes. Eis que é uma espada destinada à matança; que vem executar uma terrível carnificina, avançando sobre o povo de todos os lados!

14Ngako oko shumayela, mntundini, ude ubethe ngesandla. Ikrele maligwaze kabini, okanye kude kube kathathu. Likrele lokutshabalalisa; ewe, ikrele lokubhubhisa liza kuvela macal' onke.

15 Portanto, para que todos os corações te derretam e muitos sejam os que tombem, determinei que a espada fosse manejada para a matança junto a todos os portões da cidade. Ah! Eis que esta espada foi constituída para luzir como relâmpago em meio à tempestade, e empunhada para a chacina.

15Ziya kugubha iintliziyo nabafayo baya kuba yinyambalala, kuba ikrele lentshabalalo liya kuba kumasango onke. Awu! Liya kumenyezela okombane, kuba lithiwe qhiwu ukuze ligwaze.

16 Ó espada, brande e golpeia para todos os lados, para onde quer que se vire a tua lâmina afiada.

16Awu, krele, yidla kosekunene, udle kosekhohlo, nakuwo onke amacala.

17 Eis que Eu também baterei minhas mãos, uma contra a outra, em angústia, e só assim minha indignação encontrará repouso. Eu, Yahweh, o SENHOR, tenho dito!”

17Nam ngokwam ndiya kubetha ngesandla, nengqumbo yam iya kuthotha. Ndithethile mna Ndikhoyo.”

18 Então, mais uma vez, a Palavra de Yahweh veio a mim, dizendo:

18Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

19 “Ó filho do homem, traça dois caminhos, por onde venha a espada do juízo pelas mãos do rei da Babilônia. Ambos procederão da mesma terra; e coloca um marco indicando o rumo da cidade.

19“Mntundini, khomba iindlela ezimbini eziya kukhokela umkhosi wokumkani waseBhabheli kweli lizwe. Zombini ezi ndlela maziphume ndawonye. Yenza umqondiso kuloo ndawo iphambuka khona indlela eya esixekweni.

[20] Demarcarás um caminho que levará o rei com sua espada em punho para a cidade amonita de Rabá, e outro sinal que indique o caminho para Judá, onde fica Jerusalém, a cidade cercada de muralhas.

[21] Porquanto o rei da Babilônia fará uma parada exatamente no local de onde partem as suas estradas para sortear qual dos caminhos tomar. Ele lançará a sorte tomando uma flecha dentre duas retirada da aljava. Em seguida consultará seus ídolos de família e a aparência do fígado de uma ovelha.

[22] Sendo assim, mediante sua mão direita será sorteada a flecha com a palavra 'Jerusalém', onde deverás posicionar teu exército. Em seguida ele ordenará a preparação dos aríetes, os derrubadores de muralhas; e a matança terá início sob o grito de guerra. Os aríetes serão empurrados contra os portões da cidade; rampas de assalto serão construídas, e todas as manobras para o grande e fulminante certo acontecerão.

[23] Prepara-te, pois esta profecia parecerá aos ouvidos dos judeus como falso presságio ou previsão inútil, porque haviam firmado uma aliança com juramento; contudo, o rei invasor os fará recordar com clareza de toda a malignidade que cometeram , e os levará cativos.

[24] Sendo assim, eis que Yahweh, o SENHOR Soberano, declara: Considerando que fizestes vossa maldade ser lembrada, demonstrando as vossas transgressões em tudo o que fazem, deixando claro os vossos

[20]Umkhosi walathise indlela eya kwiRabha yama-Amon, uze uwalathise nendlela eya kwaJuda esixekweni esinqatyisiweyo saseJerusalem.

[21]Kaloku ukumkani waseBhabheli uya kunqumama ekudibaneni kweendlela zombini, afune umqondiso. Uya kwenza amaqashiso ngeentolo, avumise kwizithixo zakhe; uya kujonga nasesibindini.

[22]Iqashiso lesandla sasekunene liya kumalathisa eJerusalem, apho aya kumisa khona izigodo zokudiliza, ayalele ukuba ikrele malidle emntwini, ahlabe umkhosi wokudiliza amasango ngezigodo zakhe, akhe izikanisi ezayame iindonga zokunqabisa, asirhangqe isixeko.

[23]Umqondiso uya kuba ngathi yimpazamo kwabo baya kuba bephantsi kolawulo lwakhe eJerusalem. Kodwa uya kubakhumbuza ngobutyala babo, abathimbe.

[24]"Ke ngoko uthi uNdikhoyo iNgangalala: Ngenxa yokuba, bantundini, ityala lenu nilibonakalise nazicacisa ukuba ningabavukeli, nazityhila nezono zenu ngazo zonke izenzo zenu, ngoko ke niya kuthinjwa.

erros e pecados; por estes motivos sereis derrotados e levados cativos.

25 Ó ímpio e profano príncipe de Israel, o teu dia chegou! Esta é a hora do teu julgamento e castigo.

26 Portanto, assim diz o Eterno Soberano: Remove da tua cabeça o turbante! Lança fora a tua coroa, teu diadema real. Nada mais será como antes: os pobres e humildes serão exaltados; e os arrogantes e poderosos serão humilhados.

27 Ruína! Destruição! Sim, eis que farei cair sobre a cidade enorme calamidade! Eis que Eu farei dela uma desgraça que não será restaurada até que venha aquele a quem Eu pessoalmente entregarei a cidade! Eu, Yahweh, o SENHOR, tenho dito!"

28 "Ó querido ser humano, filho do homem! Profetiza, pois, e anuncia tudo quanto Eu, Yahweh, o SENHOR Deus, estou dizendo aos amonitas, que estão insultando o povo de Israel. Vai e dize-lhes isto: Eis que a espada do juízo está pronta para vos destruir; está afiada para a grande matança, e polida para brandir e brilhar como o relâmpago!

29 Ora, amonitas! Afirmo que as vossas visões são falsas, e todas as vossas profecias que pregais são mentirosas. Sois malignos e perversos! O vosso dia está muito próximo, o dia do castigo final. Eis que a minha espada cairá com poder sobre o vosso pescoço!

30 Ó amonitas! Voltai com a vossa espada à bainha. Eis que vos julgarei na cidade em que nasceste e foste criado, na terra dos teus antepassados!

25"Wena nkosana yakwaSirayeli ehlazekileyo nekhohlakeleyo, ifikile eyakho imini; ixesha lokohlwaywa lilo eli.

26Itsho iNgangalala iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Khulula iqhiya, uthule isithsaba. Izinto ziguqukile: obesezantsi uza kuphakanyiswa, aze athotywe ophakamileyo.

27Inxuwa! Inxuwa! Isixeko ndosenza sibe linxuwa – nxuwa elo lingayi kuvuswa de afike lowo ufanele ukulivusa. Isixeko ndiya kusinikela ezandleni zakhe ke.

28"Wena ke, mntundini, shumayela uthi: INgangalala uNdikhoyo ibhekisa kuma-Amon nezingcikivo zawo, ithi: "Ikrele, ikrele lokubulala, liyabengezela, lifuna emntwini, limenyezela okombane.

29Nakuloo mibono ingeyonyani, mibono leyo ingawe, xa kuvunyiswa ngawe, wozitsheca iintamo zabakhohlakeleyo abafanele ukubulawa; kuba imini yabo ifikile, ixesha lokohlwaywa kwabo ligalelekile.

30Libuyisele ikrele esingxobeni salo; mna ndiya kukohlwayela kuloo ndawo yokuvela kwakho; ewe, ndokugweba elizweni looyihlo-mkhulu.

[31] Derramarei toda a minha indignação sobre cada um de vós; Eu mesmo te entregarei nas mãos de homens brutais e impiedosos, acostumados ao extermínio de pessoas e à destruição total.

[32] Tu servirás de combustível para alimentar o grande fogo em que se transformará a cidade; teu sangue manchará toda a tua terra, e nunca mais sereis lembrados; porque Eu, Yahweh, o SENHOR, tenho dito!"

[31]Ndiya kuyikhuphela kuwe ingqumbo yam, ndikuvuthulule ngoshushu wona umsindo. Ndiya kukwenza ixhoba lezikrelemnqa, amachule kanye okubhubhisa.

[32]Uya kutsha njengeenkuni emlilweni; igazi lakho liya kuphalala kwelakowenu. Uya kulityalwa ukuba wakha wakho. Kaloku ndithethile mna Ndikhoyo."

Ezequiel 22

As abominações de Jerusalém

[1] Eis então que a Palavra de Yahweh, o SENHOR, veio a mim outra vez e nestes termos:

[2] "Ó querido ser humano, filho do homem, tu julgarás Jerusalém? Conseguirás mesmo julgar esta cidade sanguinária? Ora, se é assim, então confrontar esta gente com todas as suas práticas pecaminosas e repulsivas.

[3] Então pregai: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus Soberano: Ai da cidade que derrama sangue de culpa sobre si mesma, para que venha o seu tempo; e mais, dedica-se à elaboração de ídolos contra si mesma, tudo para sua própria contaminação!

[4] Tu te tornaste culpada pelo sangue que derramaste e te contaminaste pelas imagens idólatras que produziste; assim fizeste o teu Dia aproximar-se, e o fim dos teus anos chegou! Por esta razão Eu decidi te transformar em vergonha das nações e em motivo de escárnio e humilhação para todos os povos da terra.

UHezekile 22

Izono zeJerusalem

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Mntundini, sigwebe, ewe, sigwebe esi sixeko siphalaza igazi! Sixelele zonke izenzo zaso ezinezothe,

[3]uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Yeha, sixekondini esizibizela intshabalalo ngegazi eliphalazwa phakathi kuso nesizigqwalisa ngezithixo eziqingqiweyo,

[4]unetyala ngenxa yegazi oliphalazileyo, wazigqwalisa ngezithixo oziqingqileyo. Iintsuku zakho zifezekile, nesiphelo seminyaka yakho sesisondele. Ngako oko ndiza kukwenza into ephoxekileyo phakathi kweentlanga, ube yintlekisa emazweni onke.

[5] Ó cidade infame! Repleta de confusão, transtorno e discórdia; eis que as nações, próximas, e mesmo de terras longínquas, zombarão de ti.

[5]Uya kuphoxwa ngabakufutshane nabakude, sixekondini esidume kakubi, nesizele luqhushululu.

[6] Observa como cada um dos príncipes e chefes de Israel que estão em ti usam o seu poder e autoridade para derramar sangue!

[6]“Khangela iinkosi zakwaSirayeli ezihlala kuwe zisebenzisa amagunya azo ukuze ziphalaze igazi.

[7] Mesmo no centro da cidade, as pessoas já não respeitam pai e mãe, maltratam e oprimem o estrangeiro, são insensíveis, injustos e desprezam os órfãos e as viúvas.

[7]Kuwe, Jerusalem, abantwana ababenzeli imbeko ooyise noonina. Bayacinezelwa abangeneleli; ziphathwa kakubi iinkedama nabahlolokazi.

[8] Tu desprezaste as minhas dádivas sagradas e profanaste os meus shabbãths, sábados.

[8]Zideliwe izinto ezinikelwe kum, yaxajelwa iMihla yam yokuPhumla.

[9] Entre teu povo há caluniadores, prontos para derramar sangue; entre os teus há gente ímpia que tem prazer em comer nos santuários pagãos sobre os montes, e praticam tudo quanto é maligno e lascivo.

[9]Apho kuwe kunyakazela amadoda anolwimi, azimisele ukuphalaza igazi; apho kuwe kuhlala abantu abadla kwizibingelelo zasezintabeni, benze neentlondi.

[10] Também, no meio de ti, há aqueles que desonram a cama de seus próprios pais, e aqueles que têm relações sexuais com as mulheres nos dias de sua menstruação.

[10]Apho kuwe kuhlala amadoda alala nabafazi booyise, alala nabafazi abasexesheni, benomlaza ke ngoko.

[11] Um homem comete adultério com a mulher do seu próximo, outro contamina vergonhosamente a sua nora, e outro ainda desonra a sua irmã, filha de seu próprio pai.

[11]Apho kuwe kuhlala amadoda alala nabafazi babamelwane, noomolokazana bawo, noodade bawo ngokooyise.

[12] No teu meio há também quem aceite pagamento para derramar sangue. Tu recebes juros e ganhas muito mais do que emprestaste; praticas todo tipo de extorsão contra o próximo e contra teus irmãos, e ainda os oprime humilhantemente. No entanto, esqueceste de mim, declara Yahweh, o SENHOR Deus!

[12]Apho kuwe kukho amadoda athengwayo ukuba abulale; kukho abadlela abanye ngokubabiza ingeniselo egqithileyo abamelwane ababolekise ngemali kubo. Mna undilibele, itsho iNkosi uNdikhoyo.

[13] Todavia, verás a minha indignação ao bater as minhas mãos, uma contra a outra, em sinal de repulsa ao lucro injusto e

[13]“Ngokwenene mna ndiya khamnqa ngenxa yengeniselo yakho yobuqhetseba nokuphalaza kwakho igazi.

desonesto que abocanhaste, e por causa do sangue que causaste entre o teu povo.

14 Porventura o teu coração poderá estar firme? Terás coragem ou as tuas mãos ficarão trêmulas no Dia em que Eu lhe desferir sobre vós o devido juízo e tratamento por tudo quanto tens praticado? Eu, Yahweh, o SENHOR, assim falei; assim farei!

15 Eis que Eu mesmo te espalharei entre as nações e te expatriarei por todas as terras; colocarei um ponto final à tua imundícia.

16 E, aos olhos das nações pagãs, tu serás profanada em ti mesma e então compreenderás que Eu Sou Yahweh, o SENHOR!”

17 Mais tarde veio a mim, outra vez, a Palavra de Yahweh, dizendo:

18 “Filho do homem, toda a Casa de Israel se deixou transformar em escória para mim! Essa gente é como cobre, estanho, ferro e chumbo; resíduos que sobram depois que a prata é refinada na fornalha.

19 Agora, portanto, assim declara Yahweh, o SENHOR Deus: Considerando que todos vós israelitas, vos tornastes em escória, Eu vos ajuntarei no meio de Jerusalém.

20 Do mesmo modo como os trabalhadores ajuntam prata, cobre, ferro, chumbo e estanho numa fornalha a fim de fundi-los em fogo redobrado, mediante toda a ira da minha indignação. Assim haverei de vos ajuntar dentro da cidade e ali mesmo os farei derreter por completo.

14Ngaba uya kuba naso na isibindi kwanamandla mhla sahlangana? Nditshilo nje mna Ndikhoyo nditshilo, ndiya kuyenza loo nto.

15Ndiya kukusarhaza phakathi kweentlanga, utsho uphalale kwamanye amazwe; kunjalo nje ndiza kuwuphelisa umlaza onawo.

16Zakukubona uxabhelekile ezinye izizwe uya kutsho uqonde ukuba ndinguNdikhoyo.”

Iziko likaThixo lokunyibilikisa

17Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

18“Mntundini, indlu kaSirayeli xa iyonke kum seyinjengentlenge yobhedu, nenkcenkce, nesinyithi, nelothe. Ewe, injengentlenge yesiliva esele kwiziko lokunyibilikisa.

19Ke ngoko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Njengoko niyintlenge ndiza kunibutha nonke, ndinibuthele eJerusalem.

20Ndiya kuxelisa amadoda xa ebutha isiliva, nobhedu, nesinyithi, nelothe, nenkcenkce, aze aziphose kwiziko lokunyibilikisa, awuvuthele umlilo. Nam emsindweni wam nakwingqumbo yam ndiya kuniphosa esixekweni, ndininyibilikise.

[21] Sim, Eu mesmo vos reunirei e soprarei poderosamente sobre todos vós o fogo do meu furor, e sereis todos derretidos no centro da cidade!

[21]Ndiya kunibutha ndinivuthele ngomsindo wam ovuthayo, ninyibilikele eJerusalem.

[22] Assim como a prata se derrete numa fornalha, de igual modo sereis derretidos dentro da vossa cidade, e neste Dia entendereis que Eu, Yahweh, o SENHOR derramei todo o meu zelo e a minha ira inflamada sobre vossas cabeças!"

[22]Niya kunyibilikela kuyo nixele isiliva inyibilikela eziko. Xa kunjalo ke niya kwazi ukuba mna Ndikhoyo ndiwukhuphele kuni umsindo wam."

Ubutyala beenkokheli

[23] Então, novamente a Palavra de Yahweh chegou a mim nos seguintes termos:

[23]Kwakhona ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[24] "Ó filho do homem, diz a esta gente de Israel: Eis que tu és uma terra que não está purificada, nem foi lavada pelas chuvas no Dia da minha indignação!

[24]"Mntundini, yithi kweli lizwe: 'Ungumhlaba ongafumananga zimvula namikhwitsho ngexesha lengqumbo.'

[25] No meio de Israel há conspiração dos seus próprios profetas, como um leão que ruge, que arrebata a sua presa. Eles devoram impiedosamente vidas humanas, tomam tesouros, jóias e tudo que tenha valor, e multiplicam o número das viúvas em seu próprio meio.

[25]Kukho iyelenqe leenkosana zawo elifana noburhalarhume bengonyama egqumayo, iqwenga ixhoba. Ziyabaqwenga abantu, zibaphanga izinto zabo zexabiso, zitsho ilizwe lazala ngabahlolokazi.

[26] Seus sacerdotes violentam a minha Torá, Lei, e profanam as minhas ofertas sagradas; não fazem a menor distinção entre o sagrado e o profano; pelo contrário, ensinam que não existe nenhuma diferença entre o que é puro, e o que é impuro; e fingem que não percebem a quebra dos meus shabbãths, sábados; de modo que sou desonrado e desprezado por todo o povo em Israel.

[26]Ababingeleli balo mhlaba bayawugqwetha umthetho wam; bayazixabhela izinto ezinikelwe kum; abahluli phakathi kwento eyodwa nento nje; abawucacisi umahluko phakathi kwento enomlaza nenyulu;abakukhathalele ukuhlonitshwa koMhla woPhumlo; ngoko nditsho ndanyeliseka phakathi kwabo.

[27] Seus chefes e oficiais agem como lobos que arrebatam a presa no meio da terra, derramando sangue e destruindo vidas, para

[27]Amagosa alo mhlaba anjengeengcuka eziqwenga amaxhoba: aphalaza igazi, abulale abantu, asekeleze inzuzo yobutshijolo.

alcançar de forma desonesta qualquer tipo de lucro e riqueza.

[28] Seus profetas fazem como reboco de argamassa: branco e fraco, e disfarçam suas práticas ignóbeis; enganando o povo com visões falsas e adivinhações fraudulentas. Chegam ao ponto de afirmarem: 'Assim diz o Soberano, o SENHOR' quando Yahweh não falou absolutamente nada com eles.

[28]Ezi zenzo abashumayeli bazihombisa ngemibono engeyonyani nangezihlabo zobuxoki, besithi: 'Itsho iNkosi uNdikhoyo,' abe uNdikhoyo engakhange athethe.

[29] O povo da terra tem agido com opressão, roubando e praticando todo tipo de brutalidade e violência contra o pobre, necessitado e humilde; e tem tratado mal e injustamente o estrangeiro.

[29]Abantu balo mhlaba bayabaxhaphaza abanye; bayabakhuthuza nokubakhuthuza; bayawacinezela amahlwempu neembedlenge; bayabadlakathisa abangeneleli, babaphathe ngokungekho mthethweni.

[30] Busquei entre eles um ser humano que ajudasse a erguer uma muralha em torno da cidade, alguém que cooperasse comigo para evitar que o muro todo ruísse, que se prontificasse a ficar na brecha, diante de mim e em favor desta terra, para que Eu não viesse a destruí-la; contudo, não encontrei uma só pessoa!

[30]"Ndafuna phakathi kwabo indoda yokwakha udonga, ize ime esikrobeni phambi kwam, imele ilizwe, ukuze mna ndingalitshabalalisi; kodwa andiyifumani.

[31] Por isso derramarei toda ira do meu zelo sobre o povo de Israel, e os consumirei a todos no fogo do meu furor; eis que sofrerão as consequências de tudo o que planejaram e executaram de mau! Palavra de Yahweh, o Soberano Deus.

[31]Ngoko ke ndiza kuyikhuphela kubo ingqumbo yam, ndibatshabalalise ngobushushu bomsindo wam, bavune loo nto bayihlwayeleyo, itsho iNgangalala uNdikhoyo."

Ezequiel 23

Oolá e Oolibá, as duas meretrizes

[1] E a Palavra do SENHOR veio a mim de novo, dizendo:

[2] "Ó querido filho do homem; eis que havia duas mulheres, filhas da mesma mãe.

UHezekile 23

Ukungathembeki kuNdikhoyo kweSamariya neJerusalem

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Kwakukho abafazi ababini abâzalwa beziintombi zomfazi omnye.

3 E aconteceu que elas se prostituíram no Egito, desde muito jovens se envolveram com todo tipo de perversão. Naquelas terras viram seus corpos serem tocados lascivamente; seus seios foram afagados e desvirginados.

3Babengamahenyukazi kwaseJiputa beselula. Apho kwelo zwe babephathwa-phathwa amabele, becofwa-cofwa iingono.

4 A mais velha chamava-se Aholá, Oolá, e o nome de sua irmã era, Aholivá, Oolibá. Elas me pertenciam e geraram filhas e filhos meus. Quanto ao significado de seus nomes: Oolá, Tabernáculo Dela, é Samaria; e Oolibá, Meu Tabernáculo, é Jerusalém.

4Igama lalo mkhulu lalinguOhola, udade wabo omncinane inguOholibha. Yayingabam, baza bandizalela oonyana neentombi. UOhola yiSamariya, uOholibha yiJerusalem.

5 Oolá se entregou à prostituição enquanto era minha; ela se encheu de cobiça e lascívia por seus vizinhos e amantes da Assíria:

5“UOhola wabuqala ubuhenyukazi esengowam, wasemva kwezithandwa zakhe, ama-Asiriya, amadoda omkhosi,

6 guerreiros vestidos de vermelho, governadores e comandantes, todos eles cavaleiros jovens e elegantes.

6wona egaxele impahla yawo ezuba; ewe, abalawuli nabaphathi-mkhosi, onke ingamagatyana anomkhitha nomfaneleko xa ekhwele emahashini awo.

7 Assim, Oolá, se deixou envolver pela prostituição, entregando-se a todos eles, homens que faziam parte da elite dos assírios; contaminando-se também com cada ídolo cultuado por quem se apaixonava.

7Waba lihenyukazi lazo zonke izinxiba-mxhaka zaseAsiriya, wazenyelisa ngezithixo zabo bonke awayebabawela.

8 Ela decidiu não abandonar a sua vida promíscua e libertina iniciada no Egito; desde a primeira juventude conheceu muitos homens e deitou-se com todos que a seduziram; estes acariciaram seus seios virgens e a envolveram em suas práticas idólatras, corruptas e devassas.

8Akabuyekanga ubuhenyukazi awayebuqale eJiputa ebutsheni bakhe, apho abafana babelala naye, bamphatha-phathe amabele, bemnyumbazela ukufeba.

9 Por este motivo Eu a entreguei nas mãos de seus próprios amantes, os assírios, com os quais ela desejou ter prazer com tanto ardor e paixão.

9“Ndasuka ke mna ndamyekela kwizithandwa zakhe ama-Asiriya awayezilangazelela.

[10] Então, eles lhe arrancaram as roupas, deixando-a nua; sequestraram seus filhos e suas filhas e, no fim, a mataram ao fio da espada. O que lhe restou foi apenas má fama entre todas as mulheres da terra; e um castigo severo lhe foi imposto.

[10]Zamhluba, zabathatha oonyana neentombi, zaza yena zamtyakatya ngekrele. Waba ngundaba-mlonyeni kwabanye abafazi, waza wohlwaywa.

[11] Ora, sua irmã Oolibá viu tudo isso, mas mesmo assim, também se deixou seduzir em sua paixão lasciva e cobiçosa; entregando-se desenfreadamente à prostituição, foi ainda mais pervertida que sua irmã.

[11]"Udade wabo uOholibha wakubona konke oku, kodwa wagabadela kunodade wabo ngobufebe nobuhenyukazi.

[12] Do mesmo modo que sua irmã, também desejou ardentemente os afagos dos assírios; dos governadores e magistrados, seus vizinhos e guerreiros vestidos em uniformes militares que a impressionavam; todos eles jovens e elegantes cavaleiros.

[12]Naye wafeba nama-Asiriya, abalawuli nabaphathi-mkhosi, amadoda omkhosi egaxele impahla yawo, ekhwele emahashini awo, onke ingamagatyana anomkhitha.

[13] Eis que observei que Oolibá também se contaminou; ambas seguiram o mesmo e danoso caminho.

[13]Naye ndambona ezinyelisa ngokuhamba ngekhondo lodade wabo.

[14] Contudo, Oolibá afundou ainda mais em sua vida ímpia e libertina. Contemplou figuras de homens desenhados nas paredes, figuras de caldeus em vermelho forte,

[14]"Wade wagqithisa. Wabona imifanekiso yamadoda aseBhabheliizotywe eludongeni ngepeyinti ebomvu,

[15] usando cinturões e esvoaçantes turbantes na cabeça; todos lhe pareciam príncipes, semelhantes aos oficiais responsáveis pelos carros de guerra da Babilônia; homens babilônios, nascidos na Caldeia.

[15]ebhinqe iibhanti zawo, ethwele iiqhiya ezibhabha emoyeni, yaza yanga ngamagosa omkhosi weenqwelo zokulwa zaseBhabheli, amaKaledi ngokwawo.

[16] Assim que ela pôs seus olhos neles, desejou-os loucamente e lhes enviou mensageiros até a Caldeia.

[16]Uthe akuyibona le mifankeso wawalangazelela la madoda, wathumela izigidimi kuwo kwelamaKaledi.

[17] Então os babilônios vieram procurá-la, e se divertiram com ela no leito dos amores, e a contaminaram com a cobiça, a lascívia e a prostituição. Entretanto, depois de haver

[17]Agaleleka ke amadoda aseBhabheli, angena emandlalweni, alala naye. Kamva asuke aba nezothe kuye, wawalahla.

sido contaminada por eles, Oolibá tentou se afastar deles frustrada e desolada.

[18] Todavia, ela prosseguiu com insensatez em sua vida promíscua e expôs toda a sua nudez e malignidade publicamente; então, enojado e triste, decidi me afastar dela do mesmo modo como Eu tinha me afastado de sua irmã.

[19] Apesar de tudo, ela ia multiplicando sua lascívia e libertinagem cada vez mais, à medida que se lembrava dos dias da sua juventude, quando iniciou sua vida de prostituição no Egito.

[20] Oolibá se apaixonou loucamente por homens voluptuosos, cujos membros sexuais eram semelhantes aos de jumentos, e cuja ejaculação era como a de cavalos.

[21] Assim desejaste reviver toda a luxúria da tua mocidade, quando os egípcios apalpavam os teus seios e acariciavam todo o teu corpo para desvirginá-la.

[22] Portanto, assim diz Yahweh, o Soberano SENHOR: Eis que incitarei teus amantes contra ti mesma, aqueles de quem te afastaste enauseada, e os trarei para atacá-te de todos os lados:

[23] os babilônios e todos os caldeus, homens de Pecode, Soa e Coa, e com eles todos os assírios; rapazes de belo porte físico, todos eles governadores e comandantes; príncipes e homens de prestígio, todos eles oficiais militares, bem trajados, galantes, montados em seus garbosos cavalos.

[24] Eles virão contra ti com armas, carros e carroças militares, e com uma multidão de guerreiros; por todos os lados tomarão posição contra ti, e estarão munidos de

[18]Uthe akubuqhuba phandle ubuhenyukazi, wangumntu ongawukhathaleleyo umzimba wakhe, ewuhluba engenantloni, nam ndamlahla, ndaxelisa mini ndalahla udade wabo.

[19]“Wasuka waya ehambela phambili emanyaleni ngokungathi ukhumbula ubutsha bakhe bobuhenyukazi eJiputa.

[20]Wayefeba nezithandwa zakhe ezibudoda bufana nobedonki nezimchamela okwehashe.

[21]Kube njalo ke ukulangazelela iintlondi zobutsha bakho eJiputa apho wawuphathwa-phathwa amabele, ucofwa-cofwa iingono.

[22]“Ngako oko, Oholibha, iNgangalala uNdikhoyo ithi: Ndiza kuzifunza kuwe izithandwa zakho, eziya ubuzilahle kuba uzenyanya; ziza kuphuma macalana onke:

[23]ezaseBhabheli namaKaledi, abafo basePekodi, eShowa, naseKhowa, nawo onke ama-Asiriya, amagatyana, abafana abanomkhitha, abalawuli, abaphathi-mkhosi, amagosa eenqwelo zokulwa, nezinye izithwala-ndwe, bonke bekhwele emahashini abo.

[24]Baza kukuhlasela ngezixhobo, ngeenqwelo zomkhosi, nezinye iinqwelo, kwakunye nesihlwele sabantu; uya kurhawulwa macalana onke ngabantu

grandes e pequenos escudos, e fortes capacetes de guerra. Então Eu te entregarei a eles a fim de que sejas castigada; e eis que eles executarão o teu juízo de acordo com o costume deles.

abaphethe amakhaka neengweletshetshe, benxibe iminqwazi yesinyithi. Ndiya kukunikezela kubo ukuze bakohlwaye ngokwesiko labo.

25 Dirigirei contra ti toda a ira do meu zelo e, enfurecidos, eles saberão como tratá-te. Eis que cortarão fora o teu nariz e as tuas orelhas, e as pessoas que forem deixadas para trás serão exterminadas ao fio da espada. Em seguida levarão cativos os teus filhos e tuas filhas, e quem restar será aniquilado pelo fogo monstruoso.

25Ndiya kuwukhuphela kuwe umsindo wobukhwele bam, nawe uya kuwuva umsindo wabo ovuthayo. Baya kukususa impumlo neendlebe, aze amasalela abulawe ngekrele. Baya kubathimba oonyana bakho neentombi, baze abaseleyo baphoswe emlilweni.

26 Também arrancarão as tuas vestes e tomarão tuas lindas jóias.

26Baya kukukhululisa impahla, bazihluthe izihombo zakho.

27 Desta maneira haverei de colocar um basta em tua lascívia e a toda a prostituição que começaste a praticar desde o Egito. Então deixarás de olhar com cobiça e volúpia para toda essa gente e seus ídolos, nem te lembrarás mais do Egito.

27Ndiya kuphelisa ubufebe nobuhenyukazi owabuqala eJiputa. Uza kuyeka ukuzilangazelela ezo nto, uyilibale neJiputa.

28 Pois assim profetiza Yahweh, o SENHOR Deus: Eis que Eu mesmo te entrego nas mãos daqueles que tu odeias, daquela gente de quem te afastaste decepcionada e enojada.

28“Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kukunikezela kwabo ubathiyileyo, abo ubafulathele kuba benezothe.

29 Eles te tratarão com ódio e maldade, e sequestrarão tudo aquilo pelo que trabalhaste a vida inteira. Em seguida te abandonarão sem tuas vestes, ferida e completamente nua, e a vergonha da tua prostituição será exposta diante de todos. Isso tudo te sobrevirá por causa da tua cobiça libidinosa e da tua promiscuidade abominável.

29-30Baza kuyikhuphela kuwe intiyo yabo, bazihluthe izinto ozibileleyo. Baya kukushiya uze, ihlazo lobuhenyukazi lakho litshiswe lilanga. Konke oku kungenxa yobufebe namanyala akho, kuba kaloku unqwenele ezinye iintlanga waza wazigqwalisa ngezithixo zazo.

30 Afinal, desejaste loucamente prostituir-te com as nações ao teu redor, e te

contaminaste com todas as imagens pagãs e ídolos desses povos.

31 Andaste no caminho de tua irmã e foste mais longe, por este motivo colocarei o copo do juízo dela também em tuas mãos.

32 Assim diz o Soberano SENHOR: Eis que beberás do mesmo copo sentenciado à tua irmã; copo grande e fundo; ele causará comentários jocosos, ironias e até escárnio; tão grande é o copo que contém o teu juízo!

33 Ao tomar dele ficarás dominada pela embriaguez e por uma tristeza sem precedentes, por conta do conteúdo desse copo de desgraça e consternação, o mesmo copo de tua irmã Samaria.

34 Tu o beberás, o sorverás até a última gota, então despedaçarás o teu copo e com os cacos mutilarás os teus próprios seios! E Tenho dito! Palavra de Yahweh, o Eterno Deus.

35 Sendo assim, eis o que declara Yahweh, o Soberano SENHOR: Visto que esqueceste de mim e me deste as costas, também sofrerás todas as consequências da tua luxúria e das tua promiscuidade insana!"

36 Então o SENHOR disse-me ainda: "Ó querido filho do homem, queres tu julgar Oolá e Oolibá? Ora, confronta-as, pois, com as suas práticas abomináveis,

37 pois elas cometeram o pior dos adultérios e há muito sangue em suas mãos culpadas; porquanto prostituíram-se com suas imagens pagãs, a ponto de sacrificar os próprios filhos que geraram para meu prazer a tais ídolos inúteis.

31Ulandele ikhondo lodade wenu; ngako oko uza kurhabula kwindebe yakhe.

32"Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: "Uya kurhabula kwindebe yodade wenu enomthamo omkhulu; iya kukuzisela ukuphoxeka, kuba ithwele lukhulu.

33Uya kunxila kube lusizi yindebe yokuphalala nembubho, indebe yodade wenu uSamariya.

34Uya kuyisela uyifince; uya kuyicumza ibe ziingceba, uwaphale amabele akho. Ndithethile, itsho iNgangalala uNdikhoyo.

35"Ngoko ke itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Kuba usuke wandilibala, wandifulathela, uza kusithwala isono sokufeba nobuhenyukazi bakho."

36Wathi kum uNdikhoyo: "Mntundini, bagwebe oo-Ohola no-Oholibha! Baxelele ngezenzo zabo ezibi,

37kuba bakrexezile, baza baphalaza igazi. Bakrexezile nezithixo zabo; bade benza amadini ngabantwana babo ababendizalele bona, batyisa izithixo.

38 Também ousaram fazer isto contra a minha pessoa: contaminaram o meu santuário e no mesmo dia profanaram os meusshabbãths, sábados.

38Naku abakwenzileyo kum: kwangelo xesha basigqwalisile isibingelelo sam, bawunyelisa noMhla wam wokuPhumla.

39 No mesmo dia em que sacrificavam seus filhos em holocausto a seus ídolos, elas entravam no meu santuário a fim de profaná-lo. Foi assim que procederam na minha Casa.

39Kanye ngalo mhla benza idini ngabantwana babo kwizithixo zabo, bangena esibingelelweni sam, basigqwalisa. Nantso ke into abayenzileyo endlwini yam.

40 Além disso, elas mandaram mensageiros em busca de homens estrangeiros, que lhes aceitando o convite, vieram de terras longínquas e, quando chegaram, eis que tu, ó Jerusalém, te banharas especialmente para recebê-los. Também havia pintado teus olhos e ornara-te para eles com belas jóias.

40“Bade bathumela izigidimi emadodeni, afika evela kude, aza athi akufika nahlamba umzimba, nisenzela wona, naqaba amehlo, nafaka izihombo zenu.

41 E mais, te sentaste sobre um vistoso sofá, tendo à tua frente uma mesa requintada, na qual havias preparado incenso e óleo puros e sagrados que pertenciam somente a mim.

41Nahlala esofeni emfuma-mfuma, kwamiswa itafile phambi kwayo, ithwele iziqhumiso namafutha am.

42 Ouvia-se ali a voz de uma multidão satisfeita e despreocupada ; homens vulgares, beberrões e aventureiros do deserto foram também convidados, e eles puseram braceletes nos braços de Oolá e Oolibá, estas duas mulheres. E ornamentaram as cabeças delas com coroas de magnífico esplendor.

42“Kwavakala intswahla yesihlwele sabantu abagcobileyo kuloo ndawo wayekuyo; amaSabheya entlango eza nomxukuxela, aza afaka izacholo ezingalweni zomfazi lowo nodade wabo, abathwalisa nezithsaba entloko.

43 Então Eu disse a respeito daquela que fora completamente destruída pelos adultérios aos quais se entregou: Que agora a usem como prostituta; que um se contamine com a imundícia do outro!

43Ndaza ndathi ngalowo selegqityiwe kukukrexeza: ‘Ke ngoku mabamqhube njengehenyukazi, kuba kakade ulilo.’

44 Então eles se deitaram com ela, como quem se deita com uma prostituta qualquer; assim os muitos homens se deitaram com

44Balala naye ke. Ngokwamadoda elala nehenyukazi balala nazo ezo zifebe zabafazi uOhola no-Oholibha.

Oolá e Oolibá, mulheres malignas e devassas.

[45] Todavia, homens justos as julgarão e sentenciarão ao castigo que merecem as mulheres que cometem adultério e derramam sangue inocente, porquanto são prostitutas, e há muito sangue em suas mãos culpadas.

[45]Kodwa wona amadoda angamalungisa aya kubohlwaya ngesohlwayo sabafazi abakrexezayo nabaphalaza igazi, kuba bengabakrexezi abazandla zibomvu ligazi.”

[46] Pois assim declara Yahweh, o SENHOR Deus: Farei subir um grande exército contra elas e as entregarei ao horror e à completa pilhagem.

[46]Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Babizele imbizo barhwaqeliswe baphangwe.

[47] Então o grande exército as apedrejará e as retalhará ao fio da espada; matarão sem piedade seus filhos e suas filhas, destruirão suas casas e as queimarão até as cinzas.

[47]Imbizo iya kubaxuluba ngamatye, ibatyakatye ngamakrele; iya kubulala oonyana neentombi zabo, itshise izindlu zabo.

[48] Deste modo, portanto, colocarei um ponto final à lascívia e a perversão na terra, a fim de que todas as mulheres, isto é, as nações, fiquem advertidas e não se deixem seduzir e influenciar pelo vosso mau exemplo.

[48]“Ndiya kwenjenjalo ukuphelisa ubufebe kweli lizwe, khon' ukuze bonke abafazi balulekwe, bangahambi ekhondweni lenu.

[49] Eis que sofrereis sobre as vossas cabeças todas as consequências de vossos erros e pecados horrendos de idolatria! E todos vós sabereis que Eu Sou Yahweh, o Eterno SENHOR Deus.”

[49]Niza kohlwaywa ngobufebe benu nangezono zenu zokunqula izithixo. Kwakuba njalo ke niya kwazi ukuba ndiyiNkosi uNdikhoyo.”

Ezequiel 24

A parábola da panela

[1] No décimo dia do décimo mês do nono ano, veio a mim a Palavra de Yahweh nos seguintes termos:

[2] “Ó querido ser humano mortal, filho do homem; registra, pois, esta data, o dia de hoje, porque o rei da Babilônia sitiou Jerusalém exatamente neste dia!

UHezekile 24

Imbiza yokupheka

[1]Ngomhla weshumi ngenyanga yeshumi yonyaka wesithoba ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]“Mntundini, wubhale phantsi lo mhla, kanye lo, kuba ngawo uyirhangqile iJerusalem ukumkani waseBhabheli.

[3] Conta uma alegoria, uma parábola, à esta Casa rebelde e dize-lhe: Assim declara Yahweh, o SENHOR: Põe uma panela com água no fogo, aguarda que esquente bem;
[4] adicione à água na panela pedaços de carne, as partes nobres da coxa e da espádua. Enche-a com ossos escolhidos.
[5] Pega o melhor carneiro do rebanho. Empilha lenha suficiente debaixo da panela para cozinhar até os ossos; faze-a ferver bem e observa este teu cozido.
[6] Portanto, assim declara o Eterno e Soberano Deus: Pobre cidade sanguinária, desta panela que agora está com várias marcas de ferrugem por dentro, e cujas crostas não desaparecerão dela! Tira, pois, as carnes de dentro dela, pedaço por pedaço; não escolhas nem sorteies que pedaço retirar primeiro.

[7] Porquanto o sangue que ela derramou está no meio dela; ela o derramou no chão onde o pó da terra o cobriria.

[8] Mas foi para ferver o meu zelo ainda mais e para me vingar que derramei o teu sangue sobre uma rocha nua, a fim que ele não fosse jamais coberto ou apagado.
[9] Sendo assim, eis que Yahweh, o SENHOR Deus, declara: Ai da cidade sanguinária! Eu também farei um grande amontoado de lenha, uma pilha bem alta.
[10] Portanto, faze depressa um monte de lenha seca e acende o fogo! Ferve bem a carne, engrossando o caldo com temperos até secar tudo, deixando os ossos reduzidos a cinzas.

[3]Benzele umzekeliso abendlu yabavukeli, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Beka imbiza eziko; ugalele kuyo amanzi.

[4]Sikelela inyama, uyigalele kuyo, iindawo ezikhethiweyo zona zomlenze nomkhono. Mayizale ngawona-wona mathambo,

[5]eyona-yona mpahla isebuhlanti. Yibasele kakhulu imbiza yakho; de ibile, avuthwe namathambo akuyo. “Kuba itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi:

[6]“Yeha sixeko sabagwinti, esiyintshela namhla embizeni; akuyi kubhungca nesuntswana! Iya kuphakwa ngezidungulwana, kungenziwanga maqashiso ngazo.

[7]Kuba igazi awaliphalazayo liyakhala. Kaloku waliphalazela etyeni, akaliphalazelanga emhlabeni apho beliya kutshona eluthulini.

[8]Ngenxa yokuxhokonxwa komsindo nempindezelo igazi lakhe ndoliphalazela etyeni, khon' ukuze lingafihlakali.

[9]“Ngako oko itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: “Yeha, sixekondini segazi! Nam ndiza kufumba iinkuni!

[10]Fumba iinkuni, uphembe eziko, uwubase umlilo, uyiphekisise inyama, uyigalele izinongo, uyipheke ade atshe amathambo.

[11] Logo depois colocarás a panela vazia sobre as brasas restantes para que ela seja tão aquecida que até o seu bronze fique incandescente, as suas impurezas se derretam e toda a sua ferrugem se consuma.

[11]Ndiya kuyibasela eziko imbiza ingasenanto, itshe ibe bomvu ngumlilo, ukuze kunyibilike izothe layo nentshela itshe iphele.

[12] Eis que esta panela só provoca fadiga e frustração pelo trabalho que dá, pois sua espessa e resistente ferrugem não se desprende dela nem com fogo.

[12]Kaloku ayiva ukuhlala kwayo; intshela yayo ayisuki naxa seyifakwa umlilo.

[13] A luxúria e a devassidão fazem parte da tua impureza! Ó Jerusalém, como Eu desejei te purificar, mas tu não me deste ouvidos, não quiseste ser purificada; assim, não voltarás a estar limpa, enquanto não se abrandar a minha indignação contra ti.

[13]“Ngoku izothe lakho bubufebe. Ngexesha endandizama ukuba ndikwenze ucoceke, akufunanga. Ke ngoko akuyi kucoceka de ingqumbo yam kuwe ithothe.

[14] Eis que Eu, Yahweh, o SENHOR, tenho dito! Chegou a hora de executar o meu juízo; não conterei meu modo de agir, nem terei piedade, tampouco voltarei atrás ou me arrependerei. Eis que serás julgada segundo tudo quanto tens praticado; conforme teu comportamento e tuas ações! Palavra de Yahweh, o Soberano SENHOR.”

[14]“Ndithethile mna Ndikhoyo. Lifikile ixesha lokuba ndenze. Andiyi kulibazisa. Andizi kuba nanceba, ndingayi kubuya mva. Uza kohlwaywa ngokwesimilo sakho nezenzo zakho. Nguwo lowo umlomo weNgangalala uNdikhoyo.”

Predição da ruína de Jerusalém

Ukufa komfazi kaHezekile

[15] Então veio a mim a Palavra de Yahweh e me comunicou:

[15]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[16] “Ó querido filho do homem! Com um único golpe estou para tirar de ti o prazer dos teus olhos! Contudo, não te lamentarás, nem chorarás, nem haverá de te correr lágrimas de pranto.

[16]“Mntundini, ngesithonga nje esinye ndiza kukuhlutha lowo umthanda kunene. Maze ungakhali, okanye wenze isililo, okanye ube nyembezana.

[17] Geme de dor, porém, em silêncio; não faças lamentação pelos mortos como se costuma fazer; ata bem apertado o teu turbante à cabeça e as tuas sandálias aos pés; não cubras o teu rosto nem comas do alimento tradicional servido aos enlutados!”

[17]Uze ungqukruleke nje, kodwa ungamzileli lowo ufileyo. Uze uwuthwale umnqwazi wakho, neembadada zakho ungazikhululi, ungazigqumi iindevu zakho, ungakutyi ukutya kwesiqhelo komntu ozilileyo.”

[18] Assim, comuniquei ao raiar do dia ao povo, e à tarde minha esposa faleceu. No dia seguinte fiz exatamente como o Eterno me havia ordenado.

[18]Kusasa ke ndathetha nabantu, yaza inkosikazi yam yasweleka ngokuhlwa. Ngentsasa elandelayo ndenza ngokomyalelo.

[19] Então o povo indagou-me: “Ora, não vais nos explicar qual o significado de tudo o que acabou de ocorrer em relação à nossa vida?”

[19]Baza abantu bandibuza bathi: “Khawusixelele, thina singena phi apha?”

[20] E eu lhes repliquei: “A Palavra de Yahweh veio a mim, dizendo:

[20]Ndaza ndathi kubo: “Ndive ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[21] “Vai e declara à toda Casa de Israel: Eis que assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Estou a ponto de profanar o meu próprio santuário, a fortaleza de que vos orgulhais, o prazer dos vossos olhos, o grande objeto do vosso carinho e afeição. Eis que vossos filhos e vossas filhas, que deixastes em Jerusalém, tombarão todos ao fio da espada!

[21]Xelela indlu kaSirayeli uthi: Itsho iNgangalala uNdikhoyo ukuthi: Ndiza kusixabhela isibingelelo sam – inqaba yenu yeqhayiya, leyo ithi kuni: ‘Ndijonge,’ into eniyithanda kunene. Oonyana neentombi zenu enizishiyileyo ziza kubulawa ngekrele.

[22] Então fareis como Eu agi na pessoa do profeta: não cobrireis o rosto, nem comereis o alimento costumeiro oferecido aos pranteadores.

[22]Niya kuxelisa mna: aniyi kuzigquma iindevu zenu, ningayi kukutya nokutya kwabazili njengesiqhelo.

[23] Mantereis os vossos turbantes bem atados à cabeça e as vossas sandálias firmes nos pés; não vos lamentareis, nem chorareis, mas definhareis com vossas malignidades e gemereis de aflição uns pelos outros!

[23]Niya kuhlala niyithwele iminqwazi yenu, neembadada nosoloko nizinxibile. Aniyi kuzila, aniyi kulila, kodwa nosuka niye niphela ngokuphela emzimbeni ngenxa yesono senu; niya kungqukruleka nje kuphela.

[24] Eis que Ezequiel vos servirá de sinal vivo; do mesmo modo como ele procedeu, assim fareis vós; e, quando tudo isso acontecer, então compreendereis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR Deus.

[24]Uya kuba ngumqondiso kuni uHezekile; niya kuxelisa yena. Xa kunjalo niya kwazi ukuba mna ndinguNdikhoyo iNkosi.

[25] E, quanto a ti, ó querido filho do homem, no Dia em que Eu te tirar a fortaleza, toda a tua alegria e glória na terra; o grande prazer dos teus olhos, o maior desejo do seu

[25]“Ke wena, mntundini, mhla ndayisusa inqaba yabo, uchulumanco nozuko lwabo, uvuyo lwamehlo abo, eyona nto ithe ngco ezintliziyweni zabo, kwanoonyana neentombi zabo,

coração, e a presença feliz dos teus filhos e filhas;

26 nesse dia, um sobrevivente e fugitivo virá te trazer as notícias.

27 Naquela hora, não ficarás sem palavra; a tua boca se abrirá e falarás com o tal sobrevivente e não permanecerás mudo. E assim haverás de ser um sinal diante de todos eles, e reconhecerão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

26uya kufika kuwe obhungcileyo ekuphathele iindaba.

27Umlomo wakho uya kuvuleka ngoko nangoko; uya kuthetha naye kuba ungenakuthula. Ke ngoko uya kuba ngumqondiso kubo, baze baqonde ukuba ndinguNdikhoyo.”

Ezequiel 25

Profecia contra Amom

1 E aconteceu que veio novamente a Palavra de Yahweh a mim, ordenando:

2 “Filho do homem, vira o teu rosto contra os amonitas e profetiza contra eles.

3 Dize-lhes assim: Ouvi, pois, a Palavra de Yahweh, o SENHOR Deus: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Quando a minha Casa, o Templo, foi profanado, quando a terra de Israel foi arrasada e a nação de Judá foi expatriada, então tu zombaste do meu povo exclamando: ‘Ah! Ah! Ah!’.

4 Por este motivo, Eu te entregarei ao povo do Oriente como propriedade deles, e firmarão em tuas terras seus acampamentos e estabelecerão suas tendas no meio de vós; se alimentarão fartamente de vossas frutas, e beberão da vossa produção de leite.

5 Eis que farei de Rabá um cercado para camelos e de Amom um local de repouso para ovelhas. Então sabereis que Eu SouYahweh, o SENHOR.

6 Porquanto assim diz Yahweh, o Soberano Deus: Visto que bateste palmas, e pulaste de alegria com o coração cheio de malignidade contra Israel,

UHezekile 25

Udaba olukhaba ama-Amon

1Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

2“Mntundini, bhekisa kuwo ama-Amon, uwakhalimele,

3uthi: Yivani izwi leNkosi uNdikhoyo: Ithi iNgangalala uNdikhoyo: Ngenxa yokuba nathi: ‘Tshotsho!’ kwisibingelelo sam mhla saxajelwa, nakwilizwe lakwaSirayeli mhla labhukuqwa, nakwisizwe sakwaJuda mini sathinjwa,

4ke mna ndiza kuninikezela kwisizwe sasempuma, nize nibe sezandleni zaso. Baya kumisa iikampu zabo, beme phakathi kwenu; baya kuzitya iziqhamo zenu, bawatye amasi eenkomo zenu.

5IRabha ndiya kuyenza ibe lidlelo leenkamela; yona iAmon yoba ligquba leegusha. Xa kunjalo ke niya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.

6Kaloku itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: Naqhwaba izandla, nadyusha ngenxa yemincili, nalivuyelela izwe lakwaSirayeli.

[7] por esta razão estenderei o meu braço forte contra vós e vos entregarei às nações como despojo de guerra. Eis que vos eliminarei do meio das nações e vos exterminarei dentre todos os demais países; neste tempo sabereis que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

[7]Ngenxa yoko ndiza kusolula isandla sam, ndinenze nibe lixhoba leentlanga. Ndiya kuninqamla kwezinye izizwe, ubuzwe benu bufadalale. Ndiya kunibhubhisa nitsho nazi ukuba uNdikhoyo ndim."

Profecia contra Moabe

[8] Assim diz Yahweh, o Soberano SENHOR: Uma vez que Moabe e Seir exclamaram: 'Ah! Vê! A nação de Judá tornou-se como qualquer nação da terra!'

[9] Por este motivo abrirei o lado de Moabe, começando por suas cidades de fronteira: Bete-Jesimote, Baal-Meom e Quiriataim, que são o orgulho dessa terra.

[10] Oferecerei Moabe e os amonitas como propriedade ao povo do Oriente. Assim, os filhos de Amom não serão mais lembrados entre todas as nações da terra,

[11] e sobre Moabe derramarei meu juízo e respectivo castigo; então esse povo saberá que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

Udaba olukhaba amaMowabhi

[8]Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: "IMowabhi neSeyire zithi: 'Jonga, indlu kaJuda ifana nezinye izizwe ngoku.'

[9]Ngenxa yoko ndiza kuliyekela ngeentshaba ilizwe laseMowabhi, nditsho iqhayiya layo, izixeko zayo ezisemdeni, iBhete-yeshimoti, iBhali-meyon, neKiriyatayim.

[10]IMowabhi kwakunye nama-Amon ndiza kuyinikezela ibe lilifa lezizwe zasempuma, khon' ukuze ama-Amon angaze akhunjulwe ezimbalini zezizwe.

[11]Ndiza kuyohlwaya iMowabhi. Iya kutsho indazi ukuba ndinguNdikhoyo!"

Profecia contra Edom

[12] Assim diz Yahweh, o Soberano SENHOR: Considerando que Edom vingou-se da nação de Judá e com isso trouxe grande culpa sobre si,

[13] assim diz o Eterno Deus, Yahweh: Eis que estenderei meu braço forte contra Edom e aniquilarei seu povo e até seus animais. Eu arrasarei suas terras, desde Temã até Dedã, todos tombarão ao fio da espada.

[14] Então Eu me vingarei de Edom pelas mãos de Israel, o meu povo, e este lidará com Edom segundo a minha própria ira e indignação. Assim, Edom e toda a sua região aprenderão o que é sofrer a minha

Udaba olukhaba iEdom

[12]Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: "IEdom ikhuphe isixhiba kwindlu kaJuda, yaza ngokwenjenjalo yanetyala elikhulu.

[13]Ngenxa yoko iNgangalala uNdikhoyo ithi: Isandla sam ndiya kusolulela e-Edom, ndibulale abantu nemfuyo yabo. Ndiya kuyitsho ibharhe, ndibabulale ngekrele ukusuka eTeman kuye kutsho eDedan.

[14]IEdom ndiya kuyiphindezela ngesandla sabantu bam amaSirayeli, abaya kwenza kwiEdom ngokwengqumbo nomsindo wam. Baya kuyazi impindezelo yam, itsho iNkosi uNdikhoyo."

retaliação, assevera Yahweh, o SENHOR Deus.

Profecia contra os filisteus

[15] Assim diz Yahweh, o Soberano SENHOR: Tendo em vista que a Filístia agiu com o coração repleto de malignidade e vingança, e com antigo ódio buscou de todos os modos destruir Judá,

[16] assim declara Yahweh, o SENHOR Deus: Eis que estou a ponto de estender meu braço forte e executar juízo sobre todos os filisteus. Exterminarei os queretitas e destruirei os que sobreviverem no litoral.

[17] Derramarei sobre eles grande desforra e os castigarei debaixo da minha indignação. Então, quando Eu tiver me vingado deles, saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

Udaba olukhaba amaFilistiya

[15]Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “AmaFilistiya aziphindezele ngenzondo, kuba iintliziyo zawo zithe minxi yinkohlakalo ezalwa bubutshaba obudala, bezimisele ukumtshabalalisa uJuda.

[16]Ngenxa yoko iNgangalala uNdikhoyo ithi: Ndiza kusolula isandla sam side sifike kumaFilistiya, ndiwatshabalalise amaKrete, ndide ndigqogqe nalawo emi phezu konxweme lolwandle.

[17]Ndiya kuziphindezela ngamandla kuwo, ndiwohlwaye ndinomsindo. Xa sendiziphindezela baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo.”

Ezequiel 26

Profecia contra Tiro

[1] No décimo primeiro ano, no primeiro dia do mês, a Palavra do SENHOR veio a mim nestes termos:

[2] “Ó Filho do homem, visto que Tsor, Tiro zombou e alardeou sobre Jerusalém: ‘Ah! Ah! Ah! Eis que o grande portal das nações está no chão, e todas as oportunidades se me abriram; agora que ela jaz em ruínas, é a minha vez de acumular riquezas!’

[3] Ora, por este motivo, assim declara o Soberano, Yahweh: Eis que me coloco contra ti, ó Tiro, e atrairei muitas nações contra ti; elas se juntarão e virão sobre ti como o mar quando faz surgir suas ondas gigantes.

[4] Eles se baterão contra os muros de Tiro até colocá-los no chão. Derrubarão as suas grandes torres e Eu mesmo espalharei o seu

UHezekile 26

Udaba olukhaba iTire

[1]Ngomhla wokuqala enyangeni ngonyaka weshumi elinanye, ndeva izwi likaNdikhoyo lisithi kum:

[2]“Mntundini, iTire ihlekise ngeJerusalem yathi: ‘Tshotsho uvuleke, sangondini eliya ezizweni! Iingcango zakho zivulelwe mna. Njengoko sewulinxuwa wena ndiza kuchuma mna.’

[3]Ngenxa yoko mna Ndikhoyo iNkosi ndithi: Ndikuchasile, Tire, ndaye ndiza kukufunza ngentlaninge yezizwe, zibe ngathi ngamaza olwandle olulwayo.

[4]Ziya kuzidiliza iindonga neenqaba zaseTire. Ndiya kukutshayela ke konke okudiliziweyo, iTire isale ilulwalwa,

entulho e farei de toda a cidade uma simples rocha nua.

5 Ela se tornará apenas num local para se jogar e estender as redes de pesca em pleno mar. Eis a minha Palavra! Declara Yahweh, o Eterno Deus Soberano. E ela servirá de despojo para as nações.

6 Suas cidades que estão no continente serão devastadas ao fio da espada; e saberão que Eu Sou Yahweh, o SENHOR.

7 Porque assim diz o SENHOR Deus: "Eis que Eu trarei contra Tiro a Nabucodonosor, rei da Babilônia, desde o Norte, o rei dos reis, com cavalos, carros e cavaleiros e com a multidão de muitos povos.

8 Todas as tuas cidades e territórios que estão no continente, ele as dizimará à espada; contra ti levantará obras de cerco e uma rampa militar de acesso aos teus muros. E armará uma barreira de escudos contra ti.

9 Disporá os seus poderosos aríetes contra os teus muros, deitará abaixo as tuas torres.

10 Pela multidão de seus cavalos vigorosos te cobrirá de pó; os teus muros tremerão com o estrondo dos cavaleiros, das carretas e dos carros de guerra, quando ele adentrar pelas teus portões, como pelas entradas de uma cidade em que se fez enorme brecha na muralha.

11 Com os cascos dos seus cavalos socará todas as tuas ruas; ao teu povo matará à espada, e as tuas fortes colunas cairão por terra.

5ibe yindawo yeminatha yabalobi beentlanzi. Kaloku ndithethile mna, itsho iNkosi uNdikhoyo. Iya kuba lixhoba lezizwe,

6nezithanga zayo ezithe qelele nolwandle zitshabalale likrele. Xa kunjalo ke baya kundazi ukuba ndinguNdikhoyo."

7Kaloku iNgangalala uNdikhoyo ithi: "ITire ndiya kuyithumela ngoNebhukadenezare ukumkani waseBhabheli – ewe, ikumkani yeekumkani. Uya kuvela ngasentla namahashe neenqwelo zakhe zemfazwe, nebubu lomkhosi olunamadoda akhwele emahashini.

8Uya kuzingena ngekrele izithanga zakho ezimgama nolwandle. Uya kukungqinga, azayame ngezikanisi iindonga zakho, azikhusele.

9Iindonga zakho uya kuzingquzula ngezidilizi zakhe, itsho iwe phantsi imibhontshontsho yakho.

10Amahashe akhe aya kuba maninzi kangangokuba aya kutsho likugubungele uthuli. Izingqi zamahashe emfazwe nengxolo yeenqwelo zokulwa iya kutsho zishukume iindonga zakho xa engena emasangweni akho ngokwamadoda engena esixekweni esindonga ziqhekekileyo.

11Amanqina amahashe akhe aya kuzixobonga zonke izitalato; abantu bakho úya kubabulala ngekrele; zize ezo ntsika zomeleleyo ziwe bhuma emhlabeni.

[12] Roubarão as tuas riquezas, saquearão as tuas mercadorias, derribarão os teus muros e arrasarão as tuas casas preciosas; as tuas pedras, as tuas madeiras e o teu pó lançarão nas águas do mar.
[13] Colocarei um fim em todos os teus cânticos exaltados e barulhentos, e não se ouvirá mais a música de tuas harpas.

[14] Farei de ti uma penha descalvada, uma rocha nua; virás a ser um enxugadouro de redes, jamais serás reedificada, porque Eu, o SENHOR, o falei, assegura Yahweh Deus.

[15] Assim diz o Soberano Deus a Tiro: Não tremerão as terras do mar com o estrondo da tua queda, quando gemerem os traspassados? Quando se fizer espantosa matança no meio de ti?

[16] Todos os príncipes do mar descerão dos seus tronos, tirarão de si os seus mantos e despirão as suas vestes bordadas; de tremores se vestirão, assentar-se-ão no chão, tremendo sem parar, absolutamente apavorados por tua causa.

[17] Levantarão lamentações sobre ti e te exclamarão: 'Como pereceste, ó bem povoada e afamada cidade, que foste forte no mar, tu e todos os teus cidadãos; que atemorizaste a todos os teus visitantes!

[18] Agora, estremecerão as ilhas no dia da tua queda; todas as regiões litorâneas tremerão no dia da tua queda; todas as ilhas do mar estão apavoradas diante da tua destruição!'

[12]Ubutyebi bakho buya kuba lixhoba labo, bayithimbe nempahla orhweba ngayo. Baya kuzidiliza iindonga zakho, namapoma ezindlu zakho zokuhlala, baze bawaphose elwandle amatye nemithi nenkunkuma.
[13]Ndiza kuyiphelisa intsholo yeengoma kuwe, kwaye ayisokube iphinde iviwe intsholo yezikhalisi zakho.
[14]Ndiya kukwenza ufane nolwalwa olungenakuhluma nto, uze ube yindawo yeminatha yabalobi beentlanzi. Akusokuze uphinde uvuswe, kuba kaloku kuthethe mna Ndikhoyo iNkosi."
[15]Ithi iNgangalala uNdikhoyo kwiTire: "Ngaba bebengangcangcazeli na sisandi sokuwa kwakho abemi phezu konxweme, naxa isitsho incwina yeengxwelerha xa ikrele lisidla kuwe?
[16]Ngelo xesha zonke iikumkani zamazwe onxweme lolwandle ziya kuhla ezihlalweni zazo, ziyithi xibilili iminweba yazo, zizikhulule neengubo zazo ezihonjisiweyo. Ziya kuhlala phantsi zizel' ululoyiko, zingcangcazela ngalo lonke ixesha ngenxa yomothuko wento eziyibona kuwe.
[17]Ziya kwenza isililo ngawe, zithi kuwe: " 'Yehaa! Watshabalala, sixekondini sodumo, ikhaya lamadoda aselwandle! Ubunegunya elwandle, wena nabemi bakho, ngenxa yakho bebethuthumela bonke abahlala apho.

[18]Abemi baselunxwemeni bayangcangcazela ngalo mhla wokuwa kwakho; abaseziqithini bayagubha ngenxa yokuwa kwakho.' "

[19] Assim, pois, afirma Yahweh, oTodo-Poderoso Deus: Quando Eu fizer de ti uma cidade abandonada, lembrando cidades devastadas e desertas; e quando Eu te cobrir com as vastas águas do abismo,

[20] então, neste dia, farei baixares na companhia daqueles que descem à cova, e não voltarás jamais, não retomarás o teu lugar na terra dos viventes.

[21] Eis que te conduzirei a um fim horrível e num instante deixarás de existir. Serás procurada, mas jamais encontrada! Palavra de Yahweh, o SENHOR Deus!".

Ezequiel 27

A lamentação sobre Tiro

[1] E ocorreu que a Palavra de Yahweh veio a mim outra vez e com esta mensagem:

[2] "Ó filho do homem, levanta um clamor e uma lamentação em relação à cidade de Tiro.

[3] Dize, portanto, a Tiro, que habita junto à entrada do mar como um vistoso navio, e negocia com os povos em muitas ilhas: Assim diz Yahweh, o SENHOR Deus: Ó Tiro, tu que proclamas: 'Minha beleza é única, perfeita!'

[4] O teu território está no coração dos mares; os teus construtores levaram a tua formosura ao estado da arte: à perfeição.

[5] Eles fizeram todo o teu madeiramento com pinheiros de Senir, Hermom; trouxeram cedros do Líbano para fazer um imponente mastro para ti.

[6] Dos carvalhos de Bashan, Basã, fizeram os teus remos; de cipreste trazidos de Kitim,

[19]Ithi iNkosi uNdikhoyo: "Ndiya kukutshabalalisa ube linxuwa, kungabi sabakho bani uhlala kuwe; ndiya kukuntywilisela enzonzobileni yamanzi olwandle;

[20]ndiya kukutshonisa emhadini, ndikuhlalise ekhayeni lamanyange. Ndiya kukwenza uhlale emathunjini omhlaba, nawe Tire ufane namanxuwa ezixeko zamandulo. Kwanjengazo awusoze ubuye uluxhamle udumo kumhlaba wabaphilayo.

[21]Isiphelo sakho siya koyikeka, kuba uya kubhujiswa kuphele. Uya kufunwa, kodwa ungaze ufunyanwe,itsho iNkosi uNdikhoyo."

UHezekile 27

Isililo ngenxa yeTire

[1]Ndeva ilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[2]"Mntundini, yitsho isililo ngenxa yeTire.

[3]Xelela iTire elisango laselwandle, yona erhweba neentlanga eziselunxwemeni, uthi: Itsho iNkosi uNdikhoyo ukuthi: "Wena Tire, uthi: 'Andimhle, ndincamisile!'

[27] E os sátrapas, os prefeitos, os governadores, e os conselheiros do rei, estando reunidos, observaram e comprovaram que as chamas não tiveram o poder de ferir qualquer parte do corpo deles. Nem mesmo um fio de cabelo tinha sido chamuscado, os seus mantos não estavam queimados, e não havia cheiro algum de fogo neles.

noAbhednigo kwelo ziko atshiswa ngumlilo lowo, afa.

[23]Ke bona bobathathu uShedreki noMeshaki noAbhednigo baya kuwa besabotshiwe apho phakathi kweloo ziko livuthayo.

[24]Kuthe kusenjalo wothuka wasuka waxhuma emangalisekile ukumkani uNebhukadenezare. Wabuza kumaphakathi akhe, wathi: “Kanene besingaphosanga amadoda amathathu na abotshiweyo kweli ziko lidangazelayo?” Ke aphendula athi: “Kunjalo, mhlekazi.”

[25]Ke yena wathi: “Phofu ke, ngani ukuba ndibone amadoda amane ehamba-hamba emlilweni? Akabotshwanga nakubotshwa, futhi akabonakalisi nakwenzakala – ke yona le yesine ifana nonyana woothixo ngembonakalo.”

Abalingane bakaDaniyeli bayakhululwa

[26]Ngoko ke ukumkani uNebhukadenezare wasondela esangweni lelo ziko livuthayo, wathi: “Shedreki! Meshaki! Abhednigo! Zicaka zikaThixo uPhezukonke! Phumani, nize apha!” Aphuma ke loo madoda omathathu.

[27]Ke onke amagosa kakumkani ahlanganiselana, iziirhuluneli, nabaphathiswa, nabalawuli, nabacebisi, bonke bemangalisiwe kukubona loo mhlola wokuba umlilo awubanga namandla emizimbeni yaloo madoda. Ewe, iinwele zawo zange zirhawuke nokurhawuka oku, kanti neempahla zawo zange zitshe ngumlilo; ngenene wona ayengenalo nevumba eli lomlilo.

[28] Então Nabucodonosor exclamou: “Bendito seja Elah, o Deus de Sadraque, Mesaque e Abede-Nego, que enviou o seu Malak, Anjo e livrou seus servos, que depositaram toda confiança nele; desafiando a ordem do rei, preferindo abrir mão de suas próprias vidas a prestar culto e adoração a outro deus que não fosse o seu Elah, Deus.

[29] Diante deste acontecimento, eu decreto que toda pessoa de qualquer povo, nação, cultura e língua que proferir alguma censura ou blasfêmia contra o Deus de Sadraque, Mesaque e Abede-Nego, seja sumariamente esquartejado, e sua casa seja transformada em um monte de entulho queimado; porquanto, de fato, não existe nenhuma outra divindade que possa livrar seus servos dessa maneira!”

[30] E assim, o rei promoveu Sadraque, Mesaque e Abede-Nego e os fez prosperar na província da Babilônia.

Daniel 4

O edito do rei. O seu sonho de uma árvore grande. A sua loucura

[1] “Depoimento do rei Nabucodonosor, aos homens de todas as nações, povos, línguas e culturas, que vivem em todas as partes do mundo. Shêlam! Paz e Prosperidade!

[2] Pareceu-me bem e necessário divulgar os sinais e maravilhas que Elah, Deus, o Altíssimo, tem realizado em meu favor.

[3] Quão magníficos são os seus sinais, e quão poderosas as suas maravilhas! O seu reino é um reino soberano que dura para sempre, e

[28]Ukumkani uNebhukadenezare ke wathi: “Makabongwe uThixo kaShedreki, kaMeshaki, noAbhednigo, othume isithunywa wazihlangula izicaka zakhe. Zona zimnqule ngentembeko, zaza azawuhoya umyalelo kakumkani, zaxolela ukuyinikela imizimba yazo endaweni yokuguqa zinqule nawuphi na uthixo ngaphandle koThixo wazo.

[29]“Ngoko ke ndiwisa umthetho othi nabani na, nowasiphi na isizwe, noba ngowaluphi na uhlanga, noba ngowayiphi na intetho, umntu onyelisa uThixo kaShedreki noMeshaki noAbhednigo – owenza loo nto uya kwenziwa iziqwenga, wona umzi wakhe udilizwe ube yindawo ekuyiwa kuyo ngasese. Kaloku akukho Thixo wumbi unako ukusindisa ngale ndlela.”

[30]Waza ke ukumkani uNebhukadenezare wabanyusela kwizikhundla eziphezulu ooShedreki noMeshaki noAbhednigo apho kweso sithili saseBhabheli.

UDaniyeli 4

Iphupha lesibini likakumkani

[1]“Nalu udaba lukakumkani uNebhukadenezare kubantu bazo zonke izizwe neentlanga nazo zonke iilwimi ezikhoyo emhlabeni: “Makube luxolo nenkqubela kuni!

[2]“Kubonakele iyinto entle kum ukuba ndinazise ngemiqondiso nemimangaliso andenzele yona uThixo uPhezukonke.

[3]“Mikhulu kambe imiqondiso yakhe! Asinto ukurhwaqelisa imimangaliso yakhe! Ulawulo lwakhe ke lona alunasiphelo; ewe,

o seu domínio permanece de geração em geração.

[4] Eu, Nabucodonosor, estava satisfeito e próspero em minha casa, no meu palácio.

[5] E eis que tive um sonho que me abalou profundamente e me deixou alarmado. Estando eu repousando em minha cama, os pensamentos e visões que passaram pela minha mente preocuparam-me sobremaneira e me apavoraram.

[6] Por este motivo determinei expressamente que todos os sábios fossem trazidos à minha presença para interpretarem o pesadelo que tivera.

[7] Assim que os magos e místicos chegaram, contei-lhes o sonho; no entanto, eles não conseguiram desvendá-lo para mim.

[8] Por fim veio Daniel à minha presença e eu narrei a ele o que havia visto. Ele é chamado Beltessazar, em homenagem ao nome do meu deus, Bel; e creio que o espírito dos santos deuses está nele.

[9] Então falei com ele: Beltessazar, chefe dos sábios e dos magos, sei que o espírito das santas divindades habita em ti, e que nenhum mistério é difícil demais para que o reveles. Sendo assim, vou contar-te o meu pesadelo; esclarece o seu sentido, pois, para mim.

[10] Estas são as visões que me ocorreram quando estava deitado em minha cama: Eis que olhei, e diante de mim estava uma árvore muito alta no meio da terra.

elakhe igunya lihlala lihleli, liqhakamishela izizukulwana ngezizukulwana.

[4]“Mna Nebhukadenezare ndandizonwabele ndizihlalele emzini wam, ndingenalo nexhala.

[5]Ndaphupha iphupha elandothusayo. Ndathi ndisalele emandlalweni wam ndanemibono neengcingane ezandoyikisayo.

[6]Ndaza ke ndathi mazibizwe zonke izilumko zaseBhabheli, ukuze zindityhilele iphupha lam elo.

[7]Bathe ke bakufika abenzi bemilingo, oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, nezanuse, ndazichazela iphupha elo, kodwa ke zoyiswa kukundityhilela intsingiselo yalo.

[8]Ekugqibeleni ke kwafika kum uDaniyeli, okwabizwa ngokuba nguBhelteshazare, gama elo lilelothixo wam. Ke yena lo mfo wayenomoya woothixo abangcwele.

[9]Ndathi kuye: Bhelteshazare, ngqonyela yezilumko, ndiyazi ukuba wena unomoya woothixo abangcwele, yaye ke akukho mfihlakalo ekunqabeleyo. Nali ke iphupha lam; khawundichazele intsingiselo yalo.

[10]Nantsi imibono ethe qatha kum engqondweni ndisemandlalweni wam: Nâlo uhalakahla lomthi umi esizikithini sehlabathi.

[11] A árvore cresceu tanto que a sua copa encostou-se ao céu; e podia ser avistada até os confins da terra.

[12] Tinha belas e viçosas folhas, muitos e saborosos frutos, e produzia com tanta fartura que todas as pessoas do mundo podiam se alimentar dela. Debaixo dela os animais do campo encontravam um abrigo aconchegante e seguro, e as aves do céu viviam alegres em seus galhos e ramos; todas as criaturas se sustentavam daquela árvore.

[13] Então, nas visões que tive deitado em minha cama, observei e vi claramente diante de mim uma sentinela, um kaddish, santo anjo, que descia do céu.

[14] E eis que ele bradou em alta voz: “Derrubai, pois, a árvore! Cortai-lhe os ramos, sacudi todas as suas folhas e espalhai o seu fruto; afugentem-se todas as criaturas abrigadas debaixo dela, e as aves dos seus galhos.

[15] Contudo, deixai na terra o tronco com as raízes, presos com uma cinta de ferro e de bronze; fique ele no chão, em meio à relva do campo. Ele será regado pelo orvalho do céu e se alimentará da grama da terra, como os animais.

[16] A mente humana lhe será extirpada, e esse tronco será como um animal, até que se passem sete iddâns, tempos ou anos.

[17] E esta sentença é, pois, proclamada por sentinelas; os seres angelicais declaram o veredito, a fim de que todos os que vivem saibam que Elah, o Altíssimo domina sobre todos os reinos dos seres humanos e os dá a quem quer, e quando deseja; e pode decidir

[11]Loo mthi ke wakhula womelela waba mkhulu wada waya kuthi rhece ezulwini, wabonakala eziphelweni zehlabathi jikelele.

[12]Wawutsho ngamagqabi amahle kunene, unentaphane yeziqhamo, zibanele xa bebonke abantu. Emthunzini wawo zaziphumla khona zonke iinyamakazi, neentaka zisakhela emasebeni awo. Ewe, loo mthi wawusondla zonke iindidi zezidalwa.

[13]“Ndisalele njalo emandlalweni wam ndijika-jikana nalo mbono, ndabona kusithi thu ezulwini isithunywa esingcwele.

[14]Sadanduluka ngamandla sathi: ‘Gawulani loo mthi, niwunqunqe amasebe. Waqhawuleni amagqabi, nisarhaze nezo ziqhamo zawo. Zigxotheni izilwanyana phantsi kwawo, nindulule nezo ntaka zisemasebeni awo.

[15]Ke sona isikhondo sishiyeni, ndawonye neengcambu zaso, nisibophelele ngentsimbi nobhedu, sisale simile apho edlelweni phakathi kwengca. “ ‘Ngoku ke makalalelwe ngumbethe, ahlulelane ngotyani nezilwanyana apho emadlelweni.

[16]Ingqondo yakhe mayiyeke ukuba yeyomntu, isuke ibe yeyesilwanyana, de kudlule amaxesha amisiweyo asixhenxe.

[17]Nâso ke isigqibo esivakaliswa zizithunywa, nditsho umyalezo obhengezwa zezingcwele, khon' ukuze lonke uluntu luqonde ukuba nguThixo uPhezukonke ozilawulayo zonke izirhulumente zabantu, luqonde nokuba yena ulawulo ulunikela

colocar no poder o mais simples dos homens!"

[18] Este, portanto, é o sonho que eu, o rei Nabucodonosor, tive. Agora, Beltessazar, diz-me claramente a correta interpretação deste pesadelo, porquanto nenhum dos sábios do meu reino tem capacidade para interpretá-lo para mim, exceto tu, pois o espírito dos santos deuses vive em ti.

[19] Daniel, cujo nome babilônico era Beltessazar, ficou perplexo por algum tempo, e os seus pensamentos o deixaram aterrorizado. Então o rei procurou deixá-lo à vontade, dizendo: "Beltessazar, não te deixes abalar pelo que te foi revelado acerca do meu pesadelo. Não te assustes!" Ao que Beltessazar respondeu: "Ó meu senhor, quem me dera o teu sonho só se aplicasse aos teus inimigos e o seu significado fosse apenas contra os que te odeiam!"

[20] A árvore que viste, que desenvolveu e ficou imensa, cuja copa chegava até os céus, e podia ser vista em toda a terra;

[21] com folhagem exuberante e generosa em frutos, na qual havia alimento para todos, abrigo para os animais do campo, e morada segura para as aves do céu em seus galhos fortes;

[22] essa árvore, ó querido rei, és tu! Foste tu que cresceste e te tornaste grande e majestoso em todo mundo, porquanto o teu poder cresceu até alcançar o céu, e o teu domínio se estende até os confins da terra.

[23] E tu, ó majestade, viste também uma sentinela, o ser angelical que descia do céu e ordenava: 'Derrubai a árvore e destruí-a;

nakubani na athanda ukumnika, nkqu nalowo ungazelwe nto.'

[18]"Nâlo ke iphupha endiliphuphileyo mna kumkani uNebhukadenezare. Ngoko ke, Bhelteshazare, nceda undichazele intsingiselo yalo. Zonke izilumko zam apha ebhotwe zoyisiwe kukulityhila; kambe ke wena unako ukulityhila, kuba wambathiswe ngumoya woothixo abangcwele."

UDaniyeli ulawula iphupha

[19]Kwesi sithuba ke uDaniyeli, lo kuthiwa nguBhelteshazare, wasuka wee nkamalala umzuzwana ekhwankqisiwe. Ke ukumkani wathi kuye: "Hayi, wena Bhelteshazare, musa ukothuswa leli phupha nentsingiselo yalo." UBhelteshazare ke waphendula wathi: "Mhlekazi, eli phupha nentsingiselo yalo akwaba belibhekiselele kwabakuthiyileyo nabakuchasayo.

[20]Laa mthi uwubonileyo uluhalakahla olomelele lwakhula lwakrweca izulu, laza labonakala kulo lonke ihlabathi,

[21]umthi omagqabi mahle kunene, oziqhamo zawo zanele uluntu lonke, umthi ekuphumla iinyamakazi emthunzini wawo, ngokunjalo neentaka zakhela emasebeni awo,

[22]umthi lowo nguwe, mhlekazi. Kaloku wena ukhule wada wangukrwecizulu ngobungangamsha, lwaza ulawulo lwakho lwaya kutsho esiphelweni sehlabathi.

[23]Uthe usabukele ke, mhlekazi, kwathi gqi ezulwini isithunywa esingcwele sathi: 'Gawulani lo mthi niwutshitshise, kodwa

porém deixai na terra o resto do tronco com as raízes, presos mediante uma cinta de ferro e de bronze; deixai o tronco no chão, em meio à relva do campo. Ele será molhado com o orvalho que vem do céu, e viverá com os animais selvagens, até que se transcorram sete anos ou períodos de tempo!'

[24] Sendo assim, eis a interpretação do teu sonho, ó rei, e este é o decreto que Elah, o Altíssimo, expediu contra vossa majestade, meu senhor:

[25] Tu serás expulso do convívio com os seres humanos e viverás com os animais silvestres; comerás capim como os bois e serás molhado pelo orvalho do céu. Passarão sete períodos de tempo até que admitas que o Altíssimo domina sobre os reinos de todos os homens e os dá a quem quer, e quando deseja.

[26] Todavia, a ordem para deixar o resto do tronco da árvore com as raízes significa que o teu reino te será restituído quando reconheceres que Shâmayin, os Céus, dominam.

[27] Portanto, ó querido rei, aceita o meu conselho: Reconhece os teus pecados, abandona a maldade e passa a praticar a justiça e a exercer compaixão pelos carentes e necessitados. Talvez, assim, de fato, continues a viver em paz e tranquilidade!"

[28] Afirmo, pois, que tudo isso aconteceu comigo, o rei Nabucodonosor.

[29] Doze meses mais tarde, quando o rei estava caminhando pelo terraço do palácio real da Babilônia,

nisishiye apho emhlabeni sona isikhondo ndawonye neengcambu zaso, nisiqamangele ngentsimbi nobhedu, sihlale apho phakathi kwengca emadlelweni. Makalalelwe ngumbethe, ahlulelane ngotyani nezilwanyana amaxesha amisiweyo asixhenxe.'

[24]"Naku ukuchazwa kwalo ke, mhlekazi – ngenene esi sisimiso asimisele wena uPhezukonke.

[25]Wena, kumkani, uza kugxothwa umke phakathi koluntu, uye kuhlala nezilwanyana zasendle, utye ingca njengeenkomo, ulalelwe ngumbethe. Yoba ngamaxesha amisiweyo asixhenxe ude uvume ukuba nguPhezukonke ozilawulayo zonke izirhulumente zabantu, uqonde ukuba yena ulawulo ulunikela nakubani na athanda ukumnika.

[26]Njengoko izithunywa zithe isikhondo sineengcambu zaso masishiywe emhlabeni, loo nto ithetha ukuba ulawulo lobuyiselwa kwakuwe, wakuba uvumile ukuba ngulowo usezulwini olawulayo.

[27]Ngoko ke, mhlekazi, khawuphulaphule ndikucebise: Zohlwaye ngezono zakho, wenze ubulungisa; yahlukana nobugwenxa bakho, uvelane nabo abantu abahlelelekileyo. Xa kunjalo uya kuhlala uhleli wonwabile."

Ukuzaliseka kwephupha

[28]Yonke le nto yamhlela ukumkani uNebhukadenezare.

[29]Emva kweenyanga ezilishumi elinambini wathi esahamba-hamba kumgangatho

ophezulu apho ebhotwe komkhulu eBhabheli,

30 comecei a meditar: “Acaso não é esta a grande Babilônia que eu mesmo edifiquei para ser minha residência e capital do meu reino, mediante a força do meu magnífico poder, e para a glória da minha majestade?”

30wasuka wathi: “Hayi ukuba sikhulu kwaso esi sixeko esiyiBhabheli! Ndim kaloku owasakhayo ngamandla am amakhulu. Ndasenza ikomkhulu lam ukuze siphuhlise isihomo nesithozela sam.”

31 E o rei ainda estava balbuciando estes pensamentos consigo mesmo, quando veio do céu uma voz que declarou: “Eis que esta é a tua sentença, ó rei Nabucodonosor: Toda a tua autoridade real te foi tirada!

31Esathetha njalo ke kwavakala ilizwi liphuma ezulwini lisithi: “Kumkani Nebhukadenezare, naku okugqityiweyo ngawe: Uyawohluthwa onke amagunya akho obukumkani.

32 Serás expulso do meio dos homens, e a tua morada será entre os animais silvestres; te alimentarás de capim como os bois. E passarão sete tempos até que reconheças que Elah, o Altíssimo, tem todo o domínio sobre os reinos dos seres humanos e os concede a quem quer, e quando deseja!”

32Uza kugxothwa ebantwini, uye kuhlala nezilwanyana zasendle, utye ingca njengeenkomo. Yoba ngamaxesha amisiweyo asixhenxe de uvume ukuba uPhezukonke nguye ozilawulayo izirhulumente zabantu, yaye ke ulawulo ulunika nabani na athanda ukumnika.”

33 E, naquela mesma hora, a palavra se cumpriu integralmente sobre Nabucodonosor: ele foi expulso do meio dos seus e de todos os homens, e começou a comer grama na companhia de bois. O seu corpo passou a ser molhado pelo orvalho do céu, até que seus cabelos e pêlos crescessem como as penas da águia, e as suas unhas como as garras das aves.

33Kwangoko ke olu daba lwafezekiswa apho kuNebhukadenezare. Wagxothwa phakathi kwabantu, waya kutya ingca njengeenkomo. Walalelwa ngumbethe, zaza iinwele zakhe zaziingqajolo ezinjengeentsiba zokhozi, neenzipho zakhe zatsolo okwezentaka.

UNebhukadenezare udumisa uThixo

34 Contudo, ao final daqueles dias, eu, Nabucodonosor, ergui os meus olhos aos céus, e percebi que o meu entendimento havia retornado, e então comecei a bendizer Elah, o Altíssimo; louvei e glorifiquei Aquele que vive para sempre! A sua soberania sim, é eterna. O seu reino sim, permanece inabalável de geração em geração!

34“Emva kwaloo mihla imisiweyo mna Nebhukadenezare ndakhangela ezulwini, kwatsho kwee dlwe, zabuya iingqondo! Ndambonga ke uPhezukonke, ndamdumisa ndamncoma lowo ungophilayo kude kuse ephakadeni. “Kaloku igunya lakhe aliyi kuba nasiphelo. nalo ulawulo lwakhe luhleli kwizizukulwana ngezizukulwana.

[35] Todos os povos da terra são como nada diante dele. Ele age como bem lhe apraz com os exércitos dos anjos e com os habitantes da terra. Ninguém é capaz de se opor à sua vontade ou questioná-lo, dizendo: “Explica-te! Por que ages assim?”

[36] Sim, naquele momento, voltou-me o bom juízo, e eu recuperei a honra, a majestade e a glória do meu reino. Meus conselheiros e os nobres me procuraram, meu trono me foi restaurado, e minha grandeza veio a ser ainda maior que em tempos passados.

[37] Agora, pois, eu, Nabucodonosor, louvo, exalto e glorifico o Rei dos céus, porque tudo o que ele faz é certo, e todos os seus caminhos são justos e verdadeiros. E ele tem poder para humilhar aqueles que vivem com arrogância!”

[35]Uluntu alunto yanto xa luthelekiswa naye, nkqu nempi yasezulwini iphantsi kwegunya lakhe, ngokunjalo ke nabantu emhlabeni apha. Ewe, akukho namnye unokusithintela isandla sakhe, kungekho namntu unokuthi kuye: ‘Yintoni le uyenzileyo?’

[36]“Ndakubuyela ezingqondweni ke satsho sabuya isidima nobuhandiba bam, baza babuya nobungangamsha boburhulumente bam. Amaphakathi ndawonye nezikhulu zam zandifuna, ndabuyiselwa ngokuthe kratya ngobuhandiba esihlalweni sam.

[37]Ngoko ke mna Nebhukadenezare ndiyambonga ndimdumisa ndimzukisa uKumkani osezulwini. Kaloku konke akwenzayo kulungile, nezenzo zakhe zifanelekile. Ke bona abanekratshi yena uyabathoba.”

Daniel 5

O banquete do rei Belsazar. A mão misteriosa

[1] Muito tempo depois, em certa ocasião, o rei Belsazar, Bel proteja o rei, ofereceu um banquete para mil dos seus membros da corte, e com eles bebeu muito vinho.

[2] Enquanto desfrutava com avidez da bebida, Belsazar deu ordens expressas para que lhe trouxessem as taças de ouro e de prata que seu pai, Nabucodonosor, tinha espoliado do Templo de Jerusalém, a fim de que o rei Belsazar e os seus nobres mais chegados, as suas mulheres e concubinas bebessem dessas taças preciosas.

[3] Então, rapidamente, lhe trouxeram as taças de ouro que haviam sido sequestradas da Casa de Deus em Jerusalém, e o rei e os seus nobres, as suas mulheres e as suas concubinas beberam à vontade nas taças.

UDaniyeli 5

Umbhiyozo kaBhelshazare

[1]Ukumkani uBhelshazare wenzela iwaka lezikhulu zakhe ingxikela yombhiyozo, wasela iwayini kunye nazo.

[2]Ithe ke isakuvakala intselo apho kukumkani wathi makulandwe izitya zegolide nezesiliva ezazithinjwe nguyise uNebhukadenezare endlwini kaThixo eJerusalem. Xa bebonke ke, ukumkani nezikhulu zakhe, nabafazi bakhe, ngokunjalo namaqadi akhe, babeza kutyela kuzo.

[3]Ngenene ke zeziswa ezo zitya zegolide ezazithinjwe endlwini kaThixo eJerusalem, wasela ngazo ukumkani nezikhulu zakhe, ndawonye namakhosikazi akhe kunye namaqadi akhe.

[4] Entretanto, enquanto saboreavam o vinho, cantavam e louvavam seus deuses de ouro, de prata, de bronze, de ferro, de madeira e de pedra.

[4]Basela iwayini, basuka badumisa oothixo abenziwe ngegolide, nabesiliva, abobhedu, abentsimbi, abomthi, nabelitye.

[5] De repente, porém, surgiu a imagem dos dedos de uma imensa mão humana que começaram a escrever no reboco da parede, na parte mais iluminada do palácio real. O rei Belsazar observou atentamente o movimento daquela mão enquanto ela escrevia.

[5]Kuthe kusenjalo ke kwasuka kwathi gqi iminwe yesandla somntu, yabhala eludongeni malunga nendawo eyayihlala isibane apho ebhotwe. Ke ukumkani wasibukela eso sandla sibhalayo.

[6] Então o seu rosto foi ficando cada vez mais pálido, e ele ficou tão apavorado que os seus joelhos batiam um contra o outro e as suas pernas perderam a força e vacilaram.

[6]Le nto ke ukumkani yamothusa watsho wee rhubaxa, yadideka ingqondo yakhe, wangenwa yingevane, watyhwatyhwa, namadolo abetha-bethana.

[7] Aos berros, o rei mandou chamar imediatamente os adivinhos, os astrólogos, os místicos e determinou a esses sábios da Babilônia: "Quem conseguir ler esta inscrição e me declarar a sua verdadeira significação, receberá um manto de púrpura real, ganhará uma corrente de ouro para o pescoço, e será nomeado o terceiro em importância no governo do meu reino!"

[7]Ukumkani ke wakhwaza ngamandla ukuba kubizwe oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, kunye nezanuse, waza wathi kwezi zilumko zaseBhabheli: "Umntu othe wanako ukuwufunda lo mbhalo, wawuchaza nento oyithethayo, uya kuvathiswa umnweba omsobo, athiwe gatya umxokelelwana wegolide entanyeni, aze enziwe owesithathu kubalawuli beli lizwe."

[8] Então todos os místicos e sábios do rei vieram, mas não foram capazes de ler o aquela enorme imagem de mão humana havia escrito, tampouco conseguiram dizer ao rei o significado daquelas letras e palavras.

[8]Zafika ke izilumko zikakumkani, kodwa zonke zaxakwa kukuwufunda loo mbhalo, yayinqaba nokuchaza intsingiselo yawo.

[9] Diante dessa situação o rei Belsazar ficou completamente perturbado e amedrontado, e o seu semblante ainda muito mais pálido. Todos os seus convivas e os membros da sua corte também estavam aterrorizados.

[9]Hayi ke, woyika ngokugqithisileyo ukumkani uBhelshazare, nobuso bakhe bathi rhubaxa ngakumbi, zaye nezikhulu zakhe zididekile.

[10] Tendo a rainha-mãe ouvido os gritos do rei e dos seus nobres, entrou na grande sala

[10]Akuyiva ingxokozelo eyayisenziwa ngukumkani nezikhulu zakhe ukumkanikazi

do banquete e acudiu, dizendo: “Ó rei, vive para sempre! Não te perturbem os teus maus pensamentos, nem se desfaleça a tua fisionomia!

[11] Eis que há no teu reino um homem que tem o espírito dos santos deuses. Na época do teu pai, o rei Nabucodonosor, todos o consideravam um homem iluminado, dono de rara inteligência, prudência, e uma sabedoria como a sabedoria dos deuses. Nabucodonosor, teu pai, quando exerceu o seu reinado, o constituiu chefe dos magos, dos adivinhos, dos encantadores, dos astrólogos e de todos os místicos.

[12] Comprovou-se que esse homem, Daniel, a quem o rei dera o nome de Beltessazar, fora aquinhoado com extraordinário raciocínio e também com uma especial capacidade de interpretar sonhos e solucionar enigmas e mistérios. Ordena, pois, que Daniel seja chamado, e ele, com certeza, te revelará o segredo e o sentido dessa escrita na parede!”

[13] Então, sem demora, Daniel foi levado à presença do rei. O rei indagou a Daniel: “És tu aquele Daniel, um dos cativos de Judá, que o rei, meu pai, mandou trazer das terras de Judá?

[14] Ouvi dizer a teu respeito que o espírito dos deuses habita em tua pessoa, e que em ti se acham a luz, o conhecimento e extraordinária sabedoria.

[15] Pois bem, os sábios, os adivinhos e vários místicos acabaram de ser trazidos às pressas, à minha presença, para lerem a inscrição que está na parede, e me desvendarem seu

wangena apho kuloo ndlu yombhiyozo, wabhekisa kukumkani, wathi: “Phil' ud' ukhokhobe, kumkani! Hayi, musa ukoyikiswa kangaka ziingcinga zakho, ujike nebala lobuso bakho.

[11]Kaloku kwalapha kulo mbuso wakho ukho umfo onomoya woothixo abangcwele. Ngexesha lokulawula kukayihlo lo mfo wazibonakalisa ukuba unengqiqo, nolwazi oluphangaleleyo, nobulumko obufana noboothixo. Ke yena uyihlo uNebhukadenezare wammisela wayingqonyela yabenzi bemilingo, oosiyazi, iingcali zeenkwenkwezi, kunye nezanuse.

[12]Lo mfo ubalasele ngobulumko nolwazi nokuqiqa, enobuchule ekutyhileni amaphupha, ekusombululeni amaqhina, nasekuqwabululeni iintsonkotha. Igama lakhe nguDaniyeli, kodwa ke yena ukumkani wathi nguBhelteshazare. Biza yena; uya kukuchazela intsingiselo yalo mbhalo.”

Ukuchazwa kombhalo

[13]Walandwa, kweziwa naye ke uDaniyeli apho kukumkani, owathetha naye wenjenje: “Ngaba unguDaniyeli, omnye wabathinjwa belakwaJuda abeza nobawo ukumkani?

[14]Ndivile ke ukuba ungumfo owambathiswe ngomoya woothixo, onengqiqo, nolwazi oluphangaleleyo, nobulumko obubodwa.

[15]Izilumko noosiyazi ndibabizile ukuba beze kufunda lo mbhalo, bandichazele nentsingiselo yawo, kodwa boyisiwe.

correto sentido; mas não puderam dar-me a interpretação destas palavras.

[16] No entanto, ouvi dizer a teu respeito que podes dar interpretações e resolver enigmas. Agora, portanto, se puderes ler esta inscrição e me esclarecer quanto a sua correta interpretação, serás vestido de púrpura, terás um colar de ouro em teu pescoço e serás nomeado ao posto de terceiro em importância no governo do meu reino!”

[16]Ndivile ukuba unako ukuchaza intsingiselo yezinto, ukhulule namaqhina. Ukuba ngoku unokundifundela lo mbhalo, undichazele nentsingiselo yawo, ndingakuthi wambu ngomnweba omsobo, uthiwe gatya nomxokelelwana wegolide, umiselwe ube ngowesithathu kubalawuli beli lizwe.”

[17] Então Daniel, Deus é meu Juiz, replicou ao rei Belssazar, Bel proteja o rei: “Podes guardar os teus presentes para ti mesmo e dar as tuas recompensas a algum de teus comensais. Todavia, lerei sim, as palavras que foram inscritas na parede, para o rei e lhe desvendarei todo o seu significado.

[17]UDaniyeli ke waphendula wathi kukumkani: “Ungazidubi ngokundinika izipho; okanye ke zinike mntu wumbi! Ke wona umbhalo lo, ndiza kumfundela ukumkani, ndimchazele nento oyithethayo.

[18] Ó rei, foi a teu pai, o rei Nabucodonosor, teu predecessor, que Elah, Deus Altíssimo, deu sabedoria, grandeza, glória e majestade.

[18]Mhlekazi! Uyihlo uNebhukadenezare wanikwa intonga yobukhosi nguThixo uPhezukonke, wamenza mkhulu, wamthi jize ngobungangamsha nobuhandiba.

[19] Devido à magnificência que Deus lhe concedeu, pessoas de todas as nações, povos, línguas e culturas tinham por ele grande respeito e temor; todos tremiam diante de sua presença soberana; porquanto, a quem o rei decidia matar, matava; a quem julgava poupar, poupava; a quem deseja promover, promovia; e a quem desejava humilhar, humilhava.

[19]Ngangobukhulu awayebunikiwe abantu bezizwe zonke, iintlanga, neelwimi ngeelwimi, xa bebonke, babekhahlela kuye bengcangcazela besoyika. Athanda ukumbulala wayembulala, amsindise athanda ukumsindisa. Wayemnyusela athanda ukumphakamisa, aze amkhiqe athanda ukumthoba.

[20] Contudo, quando seu coração se tornou cobiçoso, arrogante e endurecido por causa do extremo orgulho e vaidade, ele foi deposto do seu trono real e totalmente despojado da sua glória.

[20]Kodwa ke wathi akuthiwa lwale likratshi, yaqaqadeka intliziyo yakhe kukuzidla, suka wakhiqwa wahlukana nesihlalo sakhe sobukhosi, bahluthwa nobungangamsha bakhe.

[21] Foi excluído do convívio com outros seres humanos, e sua mente e coração tornaram-se semelhantes aos dos animais; e passou a morar junto aos jumentos silvestres e a comer capim como o bois; e o seu corpo se molhava com o orvalho do céu; e assim viveu até reconhecer que Elah, Deus Altíssimo é o soberano e domina sobre o reino dos homens, e coloca no poder a quem ele deseja.

[21]Ewe kaloku, wagxothwa eluntwini, watsho wabulwanyanarha. Wahamba waya kuhlala neembongolo zasendle, watya ingca njengeenkomo, elalelwa ngumbethe wezulu. Wada ke wavuma ukuba nguThixo uPhezukonke ozilawulayo izirhulumente zabantu, ikwanguye omisela kuzo loo mntu athanda ukummisela.

[22] Mas tu, ó Belsazar, sucessor do rei Nabucodonosor, não tens caminhado com humildade, não humilhaste o teu coração, muito embora saibas bem de tudo quanto ocorreu com teu pai, o rei.

[22]“Kambe ke wena, Bhelshazare, nyana wakhe, uthe uyazi yonke le ngcombolo akwazithoba.

[23] Pior ainda, tu te exaltaste a ti mesmo e te levantaste contra Elah, Deus dos Céus. Porquanto mandaste trazer as taças do Templo do Altíssimo para que nelas bebesses tu, os teus nobres e convivas, as tuas mulheres e as tuas concubinas. Louvaste os deuses de prata, de ouro, de bronze, de ferro, de madeira e de pedra, que não podem nem ver, nem ouvir, nem sentir e muito menos compreender nada; e não glorificaste o Deus que sustenta em suas mãos a tua vida e controla todos os teus caminhos.

[23]Ndaweni yaloo nto usuke wayidela iNkosi yezulu. Uthe makulandwe izitya zendlu yayo, waza ngokunjalo wasela iwayini ngazo, wena nezikhulu zakho, abafazi bakho, namaqadi akho, waza wabadumisa oothixo abenziwe ngegolide, abesiliva, abobhedu, abentsimbi, abomthi, nabelitye; nangona bengaboni, bengeva, futhi bengaqiqi nokuqiqa. Kuyo yonke le nto uThixo okusesandleni sakhe ukuphefumla kwakho nolawula yonke imeko yobomi bakho, zange umhlonele.

[24] Por isso ele mesmo enviou aquela mão que viste, a fim de escrever diante de ti a sentença que precisas saber.

[24]Eso ke sisizathu esibangele ukuba uThixo athumele eso sandla sibhale lo mbhalo.

[25] E as palavras que foram inscritas formam a seguinte frase em aramaico: MENÊ, MENÊ, TEKEL UPARSÍN.

[25]“Nantsi ke into ebibhaliwe: ‘Inani, inani; ubunzima; ukwahlula-hlula.’

[26] E este é o significado dessas palavras: MENÊ, MENÊ: Deus avaliou e contou os dias do teu reinado e decretou o seu fim.

[26]Nantsi ke intsingiselo yala magama: ‘Inani’: uThixo ulibalile inani lemihla yolawulo lwakho, yaye ke uyinqamle.

[27] TEKEL: Foste pesado na balança e achado em falta.

[28] UPARSÍN: Teu reino já foi dividido e entregue aos medos e persas.

[29] Diante disso, por ordem do rei Belsazar, vestiram Daniel com um manto real vermelho-púrpura, condecoraram-no com uma corrente de ouro no pescoço, e o proclamaram o terceiro em autoridade e poder no governo do reino.

[30] E aconteceu que naquela mesma noite Belsazar, o rei dos babilônios, foi assassinado;

[31] e Dariávesh, Dario, o imperador da nação Média, apoderou-se do reino de Belsazar, com a idade de sessenta e dois anos.

Daniel 6

Daniel na cova dos leões

[1] Então, pareceu bem a Dario nomear cento e vinte sátrapas, vice-reis, para governar todo o seu reino.

[2] E, acima deles, três grandes líderes, um dos quais era Daniel. Os sátrapas tinham que prestar contas a esses supervisores a fim de que o rei não sofresse qualquer dano ou prejuízo.

[3] E aconteceu que, o mesmo Daniel foi tão notável entre seus colegas de liderança, e entre todo o colegiado dos sátrapas por suas qualidades extraordinárias, que o imperador planejava nomeá-lo para a função de governador geral do seu reino.

[4] Mas, assim que os seus colegas de liderança e todos os sátrapas tomaram conhecimento dessas intenções do rei,

[27]‘Ubunzima’: wena ubekwe esikalini, baza ubunzima bakho bafumaneka bunganeno.

[28]‘Ukwahlula-hlula’: urhulumente wakho wahlula-hlulwe wanikwa amaMedi namaPeshiya.”

[29]Ngoko nangoko ke ukumkani uBhelshazare wayalela ukuba uDaniyeli anxitywe umnweba omsobo, athiwe gatya umxokelelwana wegolide entanyeni. Waza ke wammisela wangowesithathu kubalawuli bobukumkani.

[30]Kanye ngobo busuku uBhelshazare ukumkani wamaKaledi lowo wabulawa,

[31]waza ke umbuso wathathwa nguDariyo umMedi owayemashumi mathandathu anambini eminyaka ubudala.

UDaniyeli 6

UDaniyeli emngxunyeni weengonyama

[1]Ke kaloku kwakholeka kuDariyo ukumisela iirhuluneli ezilikhulu elinamashumi amabini, ukuze zongamele kwiindawo ngeendawo zombuso lowo.

[2]Phezu kwazo ke watyumba abongameli abathathu, waza ke uDaniyeli wangomnye wabo. Abongameli aba ke babesenzelwa ingxelo zezi rhuluneli, khon' ukuze ukumkani angalahlekelwa.

[3]UDaniyeli ke wazibalula koogxa bakhe ababini kunye neerhuluneli ngesimo sakhe esihle, kangangokuba ukumkani wazimisela ukumnyusela ukuba ongamele bonke ubukumkani.

[4]Oogxa bakhe abongameli kunye neerhuluneli bazama ukufumana isizathu sokumbeka ibala uDaniyeli mayela

muitos passaram a procurar motivos para acusar Daniel em sua administração e governo, mas nada de mal conseguiam encontrar. Não puderam achar falta alguma em Daniel e em seu proceder, porquanto ele era leal; nele não havia qualquer desonestidade, desleixo ou erro algum.

nomsebenzi wakhe wokulawula. Kambe ke zange baphumelele, kuba wayenyanisekile, engumfo okhutheleyo ongenabuqhetseba.

5 Então eles concluíram e murmuraram entre si: “Nunca encontraremos algum motivo forte o suficiente para denunciarmos esse Daniel, a menos que seja algo relacionado a lei do seu Elah, Deus!”

5Athethana ke ngoku la madoda athi: “Hayi, bafondini, soze sizuze mhlaba wakummangalela lo Daniyeli ngaphandle kokuba kube malunga nokumthobela kwakhe uThixo wakhe.”

6 Assim, aqueles supervisores e os sátrapas, de comum acordo, foram conversar com o rei, dizendo: “Ó rei Dario, vive para sempre!

6Ngoko ke aba bongameli bekunye neerhuluneli bahlangana, baya kukumkani uDariyo, bafika bathi: “Bayethe, mhlekazi! Phil' ud' ukhokhobe!

7 Eis que todos nós: supervisores reais, prefeitos, sátrapas, conselheiros e governadores estamos concordes em rogar que o rei deva baixar um edito ordenando que todo aquele que orar ou fizer petição a qualquer deus ou a qualquer ser humano nos próximos trinta dias, excetuando à tua pessoa, ó majestade, seja atirado sumariamente à cova dos leões.

7Xa sisonke thina bongameli, nezikhulu, neerhuluneli, namaphakathi, nabaphathiswa, sivumelene ukuba sikucele, mhlekazi, ukuba uwise umthetho onyanzelisayo ukuba kwithuba leentsuku ezingamashumi amathathu kungabikho mntu uthandaza nawuphi na uthixo okanye umntu ngaphandle kokuba athandaze kuwe, mhlekazi. Lowo waphule lo mthetho makaphoswe emngxunyeni weengonyama.

8 Agora, pois, ó rei, se estás de acordo, emite o decreto e assina o edital, a fim de que o mesmo nunca mais seja mudado, conforme a lei dos medos e dos persas, que uma vez sancionada, não se pode revogar jamais!”

8Ngoko ke, mhlekazi, wisa lo mthetho, uwubhale ube ngumthetho ongenakujikwa wamaMedi namaPeshiya.”

9 Então, diante do parecer daqueles conselheiros, o rei Dario deferiu e assinou o decreto.

9Ngoko ke ukumkani uDariyo wawubhala loo mthetho.

10 Assim que Daniel soube que esse decreto do rei havia sido proclamado, foi para casa, para o seu quarto, no andar de cima, onde

10Nakuba ke uDaniyeli wayeve ukuba lo mthetho ubhaliwe wapapashwa, usuke wagoduka, wafika wangena kwigumbi

as janelas davam para Jerusalém e ali orou como costumava fazer cotidianamente, três vezes ao dia; ajoelhou-se, rogou e deu graças diante do seu Elah, Deus.

lendlu yakhe eliphezulu elalineefestile ezikhangele eJerusalem, waza ke waguqa ngamadolo wathandaza ebulela kuThixo wakhe kathathu ngemini njengoko wayeqhele ukwenjenjalo.

11 Então aqueles homens se juntaram para investigar e descobriram Daniel orando, suplicando ajuda a Deus.

11Ke kaloku laa madoda ahlangana ambhaqa uDaniyeli ethandaza etarhuzisa kuThixo wakhe.

12 E, mais que depressa, foram falar com o rei acerca do cumprimento do decreto real e argumentaram: “Tu não publicaste uma resolução real ordenando que nestes trinta dias toda pessoa que manifestasse um pedido a qualquer deus ou a qualquer ser humano, exceto a ti, ó rei, fosse atirado sumariamente à cova dos leões?” Ao que o rei replicou: “Sim, este decreto está em pleno vigor, de acordo com a lei dos medos e dos persas, que não pode ser revogada!”

12Ngoko ke aya kukumkani, afika athetha naye malunga nomthetho awenzileyo, athi: “Kanene, mhlekazi, ubungapapashanga umthetho na othi kwiintsuku ezimashumi mathathu makungabikho mntu uthandaza nawuphi na uthixo okanye umntu ngaphandle kwakho, usithi othe wayenza loo nto uya kuphoswa emngxunyeni weengonyama?” Ukumkani ke waphendula wathi: “Ewe, kunjalo, ndikwenzile oko, yaye lowo ngumthetho ongenakutshitshiswa wamaMedi namaPeshiya.”

13 Então eles aproveitaram para fazer a seguinte comunicação ao rei: “Ora, pois Daniel, um daqueles exilados de Judá, não tem feito caso de ti nem das tuas ordens e do decreto que assinaste ; muito ao contrário, faz as suas orações todos os dias, e três vezes ao dia.

13Aza athi ke la madoda kukumkani: “UDaniyeli ongomnye wabathinjwa bakwaJuda akakuhoyanga, mhlekazi, akawuthobeli nalo mthetho uwuwisileyo. Usaphikele ukuthandaza kathathu ngemini.”

14 Ao ouvir tal notícia, o rei ficou profundamente consternado e resolveu salvar Daniel; esforçando-se até o pôr-do-sol a fim de encontrar uma maneira legal para livrá-lo.

14Akukuva oku ukumkani watsho wadideka mpela, waza wenza unako-nako wokucinga icebo lokuhlangula uDaniyeli. Ewe, kwaba yiloo nto lada latshona ilanga.

15 Contudo os homens foram unanimes em insistir: “Ó rei, lembra-te bem, que conforme a lei dos medos e dos persas, nenhuma determinação real ou edito

15Aphinda ke la madoda eza egxalathelana kukumkani, athi: “Khumbula kaloku, mhlekazi, ukuba ngokwemithetho yamaMedi namaPeshiya umthetho

assinado do rei poder ser alterado ou descumprido!"

16 Então o rei deu ordens, e eles prenderam Daniel e o jogaram na cova dos leões. O rei, contudo, encorajou a Daniel, dizendo: "Que Elah, o teu Deus, a quem serves todos os dias, haverá de te livrar!"

17 Em seguida, taparam a cova com uma pedra, e o rei a selou com o seu anel-selo e também com os anéis dos seus nobres, para que a decisão sobre Daniel não pudesse ser modificada.

18 Depois o rei dirigiu-se para o seu palácio e passou a noite em jejum, e não permitiu que fossem trazidos à sua presença qualquer instrumento de música; e o rei não conseguiu conciliar o sono durante toda aquela noite.

19 Logo ao raiar do dia, o rei se levantou e correu em direção à cova dos leões.

20 Quando ia se aproximando da entrada da cova, chamou o nome de Daniel com grande sofreguidão e tristeza: "Daniel! Servo de Elah, o Deus Vivo! Será que o teu Deus, a quem tu serves diariamente, pôde livrá-lo dos leões?"

21 E então ouviu-se a voz de Daniel que respondeu: "Ó caro rei! Vive para sempre!

22 Eis que o meu Deus enviou o seu Anjo, e este fechou a boca dos leões para que não me ferissem. Pois Elah, Deus, considerou-me inocente aos seus olhos. E, de igual modo, porque jamais cometi qualquer fraude ou delito contra o senhor, ó majestade!"

nommiselo owenziwa ngukumkani awunakuguqulwa."

16Ngoko ke ukumkani wayalela ukuba alandwe uDaniyeli; waza ke waphoswa apho kuloo mngxuma weengonyama. Wathetha naye ke wathi: "Akwaba angakuhlangula uThixo wakho omnqula ngentembeko maxa onke."

17Ke kaloku umngxuma lowo wavalwa ngelitye, waza ukumkani walitywina ngomsesane wakhe nangaleyo yezikhulu zakhe, khon' ukuze imeko kaDaniyeli ingabi nakuguqulwa.

18Emva koko ke ukumkani wagoduka waya ebhotwe, wachitha ubusuku engadli, engenalo nethuba lokuzonwabisa, koko wasuka waphuthelwa ubusuku bonke.

19Ke kaloku ukumkani wavuka xa kuthi chapha ukusa, wakhawuleza waya kulaa mngxuma weengonyama.

20Akusondela kuwo ke wakhwaza engxunguphele, wathi: "Daniyeli! Daniyeli! Sicaka soThixo ophilayo! Ube nako na ukukuhlangula kwezo ngonyama uThixo wakho omnqula ngentembeko maxa onke?"

21Waphendula ke uDaniyeli wathi: "Phil' ud' ukhokhobe, kumkani!

22UThixo wam uthumele isithunywa sakhe, sayivala imilomo yeengonyama, azandenzakalisa. Ewe, azindenzakalisanga kuba ndifumaniseke ndimsulwa phambi kwakhe, kwanjengokuba ndingazange ndakona nganto nawe, mhlekazi!"

[23] E diante do que acontecera, o coração do rei muito se alegrou. Em seguida, o rei ordenou que tirassem Daniel da cova, e testemunharam que não havia nenhum arranhão ou qualquer outro ferimento em todo o corpo de Daniel, pois ele havia confiado, continuamente, em seu Deus.

[24] Entrementes, por ordem expressa do rei, todos os homens que tinham acusado Daniel foram lançados na mesma cova dos leões, junto com as suas esposas e filhos. E, antes mesmo que pudessem chegar ao fundo da cova, os leões os atacaram e despedaçaram todos os seus ossos.

[25] Mais tarde, o rei Dario escreveu aos homens de todos os povos, nações, línguas e culturas em toda a terra nos seguintes termos: “Shelâm! Paz e Prosperidade!

[26] Eis que edito um decreto para que em todos os domínios do império, todas as pessoas temam e reverenciem o Deus de Daniel. Porquanto ele é Elah, o Deus Vivo, e permanece para sempre; o seu Reino não será jamais destruído, e o seu domínio nunca terá fim!

[27] Elah, Deus, livra e salva; só ele realiza sinais miraculosos e maravilhas nos céus e em toda a terra. Foi Elah, Deus, quem livrou Daniel do poder dos leões selvagens!

[28] E assim, Daniel prosperou grandemente durante o império de Dario, e mais tarde, também no reinado de Ciro, o Persa.

[23]Wavuya gqitha ke ukumkani, waza wayalela ukuba uDaniyeli akhutshwe apho emngxunyeni. Akukhutshwa ke wafumaniseka engenawo nomkrwelo lo, kuba kaloku yena wayekholose ngoThixo wakhe.

[24]Ukumkani ke wayalela ukuba abanjwe loo madoda ayemangalele uDaniyeli. Wathi makathathwe neentsapho zawo, abafazi nabantwana, baza ke bebonke baphoswa apho emngxunyeni weengonyama. Bathi ke, bengekafiki nasezantsi, zabaganga iingonyama, zawanqwamza amathambo abo.

[25]Ngoko ke ukumkani uDariyo wabhalela zonke izizwe, iintlanga, nabantu beelwimi ngeelwimi ehlabathini jikelele, wathi: “Ngamana kunganda ngokugqithisileyo ukonwaba kuni nonke!

[26]Ndigunyazisa kulo lonke kulo mbuso wam ukuba wonke umntu makamoyike amhlonele amthobele uThixo kaDaniyeli. “Kuba yena nguThixo ophilayo, uThixo okhoyo ngonaphakade. Umbuso wakhe soze utshatyalaliswe; ulawulo lwakhe alunasiphelo.

[27]Yena kaloku uyahlangula, yaye esindisa. Ungumenzi wemiqondiso kwanemimangaliso emazulwini kanti nalapha emhlabeni. Nguye lo umhlanguleyo uDaniyeli, wamsindisa emandleni eengonyama.”

[28]Ke kaloku uDaniyeli lo waba nempumelelo ngemihla yolawulo lukaDariyo, ngokunjalo nakwimihla yokulawula kukaKoreshiumPeshiya.

Daniel 7

A visão dos quatro animais simbólicos

1 Certa noite, durante o primeiro ano do reinado de Belsazar, Bel proteja o rei, monarca da Babilônia, Daniel teve um sonho e algumas visões passaram por sua mente quando repousava em sua cama. E assim que acordou do sonho escreveu um resumo do que havia visto nos seguintes termos:

2 “Em minha visão à noite, eu pude observar os quatro ventos do céu agitando o grande oceano.

3 Então vi quatro grandes animais, diferentes uns dos outros, que subiam do mar.

4 O primeiro assemelhava-se a um enorme leão, e tinha asas de águia. Eu o contemplei e, em certo momento, as suas asas foram arrancadas, e ele foi erguido do chão, firmou-se sobre dois pés somente, como um ser humano, e recebeu um coração de homem.

5 Continuei olhando, e vi o segundo animal, parecido com um grande urso. Ele ergueu-se de um lado, tendo na boca três costelas entre os dentes; e eis que foi-lhe ordenado: “Levanta-te, pois, e devora as carnes das multidões!”

6 Então segui observando e vi outro animal, agora um semelhante a imenso leopardo; tinha nas costas quatro asas de ave também quatro cabeças, e foi-lhe dada toda a autoridade para governar.

7 E nessas visões que tive durante a noite, em meu sonho, vi ainda um quarto animal, horrível, apavorante e extremamente

UDaniyeli 7

UDaniyeli uphupha amarhamncwa amane

1 Ngonyaka wokuqala engukumkani eBhabheli uBhelshazare uDaniyeli waphupha iphupha wafikelwa ngumbono engqondweni yakhe elele emandlalweni. Walibhala iphupha, esalatha ingcombolo yalo,

2 wathi: “Embonweni wam ebusuku ndabona kubhudla imimoya, ivela macala omane, yaza ke yaluduba nolwandlekazi.

3 Suka ke kwathi gqi qhaphu amarhamncwa amane amakhulu, ephuma elwandle, elo nelo lahlukile kwelinye.

4 “Elokuqala lalifana nengonyama, koko linamaphiko njengokhozi. Ndithe ndisabukele suka amaphiko lawo ancothuka. Laza ke elo rhamncwa laphakanyiswa emhlabeni, lamiswa ngeenyawo ngokomntu. Kananjalo lasuka lanengqondo yomntu.

5 “Kwakhona kwathi gqi irhamncwa lesibini linjengebhere, limi liziphakamisile ngelinye icala. Emlonyeni laliphethe iimbambo ezintathu ngamazinyo alo. Kwathiwa kulo: ‘Phakama, utye inyama kangangoko!’

6 “Emva koko, ndisabukele njalo, kwathi gqi elinye elalifana nengwe. Kambe ke lalinamaphiko amane angathi ngawentaka, kananjalo lineentloko ezine. Lanikwa amagunya okulawula.

7 “Kwakhona ke kumbono wam wasebusuku ndakhangela, kwee gqi elesine irhamncwa. Lalisoyikeka, lirhwaqelisa, liyingwanyalala.

poderoso. Possuía grandes dentes de ferro, com os quais estraçalhava e devorava avidamente suas vitimas, e pisoteava tudo o que sobrava. Este monstro era diferente de todas as feras anteriores e tinha dez chifres.

[8] Enquanto eu analisava os chifres, encontrei um outro chifre, pequeno, que apareceu entre eles; e três dos primeiros chifres foram arrancados para dar lugar a ele. Esse chifre que surgiu entre os demais tinha olhos como os olhos de um ser humano e uma boca que falava com soberba e arrogância.

[9] Enquanto eu, pasmo, admirava esses animais, eis que tronos foram trazidos, e um ancião pleno de dias se assentou. Suas roupas eram brancas como a neve; e seus cabelos alvos como a pura lã. Seu trono estava todo envolvido por labaredas de fogo, e as rodas do trono eram chamas ardentes.

[10] De diante dele, brotava e fluía um rio de fogo. Milhares de milhares o serviam; milhões e milhões prostravam-se diante dele. Então o Tribunal deu início ao julgamento, e todos os livros foram abertos.

[11] Mas eu segui observando, porquanto as palavras arrogantes que o chifre exclamava me chamaram a atenção. Fiquei olhando tudo aquilo até que o animal foi morto, e o seu corpo foi destruído e lançado ao fogo ardente.

Lalitsho ngeengxavula zamazinyo entsimbi. Amaxhoba alo laliwakroboza liwathi nqwam-nqwam ngaloo mazinyo, amasalela liwanyhashe ngeenyawo. Lalingafani namanye la, yaye lalineempondo ezilishumi.

[8]Ndisazijongile ezi mpondo kwathi thaphu olunye uphondo oluncinci apho phakathi kwezinye, zatsho zancothuka ezintathu kwezo mpondo zazikho kakade. Olu phondwana ke lwalunamehlo njengomntu, kananjalo lunomlomo luthetha izinto ezinkulu kakhulu.”

INyange elimihla ingapheliyo kunye nonyana womntu

[9]“Ndithe ndisabukele njalo suka kwee rhwelele izihlalo, laza ke neNyange elimihla ingapheliyo lathatha isihlalo salo. Izambatho zalo zazimhlophe ngokwekhephu; ke zona iinwele zalo zazinjengoboya obucikizekileyo begusha. Isihlalo salo sasingamadangatye ngumlilo, simi ngamavili angumlilo ovuthayo.

[10]Kwakumpompoza umlambo ongumlilo, unkcenkceza uphuma apho kuso. Ewe, iNyange eli laliphahlwe ngamawaka-waka, kuzizigidi ngezigidi zimi phambi kwalo. Yaqalisa ke inkundla, zaza zavulwa iincwadi.

[11]“Ndasoloko ndibukele, kuba kaloku olo phondwana lwaluthetha izinto ezinkulu kakhulu. Ndisabukele njalo ke elo rhamncwa labulawa, isidumbu salo satshiswa ngomlilo.

12 Dos outros animais foi retirada toda a autoridade que se lhes havia sido concedida; contudo, tiveram permissão para viver por um período de tempo.

13 E eu continuava contemplando minhas visões noturnas, quando vi que alguém semelhante a um ser humano vinha nas nuvens do céu. Ele se deslocou em direção ao ancião bem idoso e foi conduzido à sua presença.

14 E foi-lhe outorgada toda a autoridade, glória e posse do Reino, para que todos os povos, nações e línguas o adorem e o sirvam; o seu domínio é domínio eterno, que jamais terá fim; e o seu Reino jamais será destruído.

15 Eu, Daniel, fiquei sobremodo perturbado em meu espírito, porquanto as visões que passaram pela minha mente me aterrorizaram.

16 Então, no sonho, me aproximei de um dos anjos que ali estavam e lhe indaguei sobre o significado de tudo quanto eu havia podido observar. E ele me atendeu, dando-me a seguinte revelação:

17 'Eis que os quatro grandes animais representam quatro reinos que se levantarão sobre a terra.

18 No entanto, os santos de Elyôn, o Altíssimo, receberão o Reino e o possuirão para sempre; sim, por toda a eternidade!'

19 Diante disso, eu quis saber o verdadeiro significado do quarto animal, porquanto era muito diferente de todos os demais e o mais horripilante deles, com seus dentes de ferro e garras de bronze, o animal despedaçava e

12Ke wona amanye amarhamncwa ahluthwa amagunya, noko ke olulelwa ukuphila okwethutyana elimisiweyo.

13Ndisabukele njalo kuwo loo mbono wasebusuku ndabona kusiza ofana nonyana womntu, esiza ephahlwe ngamafu. Ke kaloku waya kufika kwelo Nyange elimihla ingapheliyo, wasondezwa phambi kwalo.

14Waza ke wathiwa jize ngamagunya, amawonga, nobukumkani, zaza zonke izizwe, iintlanga, nabantu beelwimi ngeelwimi, zamkhonza. Ubukhosi bakhe ke babungunaphakade bungenasiphelo, nombuso wakhe ungenakudaka."

Ukuchazwa kwemibono

15"Mna Daniyeli ndakhathazeka emoyeni, waza lo mbono ofikele engqondweni yam wanditsho ndanxunguphala.

16Ndasuka ke ndaya komnye wababemi apho, ndamcela ukuba andichazele inyaniso yayo yonke le ngcombolo. Ke yena wandityhilela intsingiselo yazo zonke ezi zinto, wathi:

17'La marhamncwa axela imibuso emine eya kuvela emhlabeni.

18Abantu abangcwele bakaPhezukonke ke bona baya kuzuza ulawulo, lube lolwabo kude kube ngunaphakade kanaphakade.'

19"Kananjalo ke ndafuna ukuqonda ngeli rhamncwa lesine, elo lalingafani namanye – laa ngwanyalala yoyikekayo, le yayitsho ngamazinyo entsimbi neenzipho zobhedu, eyayiwakroboza iwathi nqwam-nqwam

devorava suas vitimas com facilidade, e ainda pisoteava todos os restos que deixava para trás.

amaxhoba, isuke iwanyhashe ngeenyawo amasalela.

[20] Também roguei por explicações sobre o significado dos dez chifres incrustados no alto da cabeça daquele monstro, e quanto ao outro chifre que surgiu para ocupar o lugar dos três chifres que caíram; o chifre que possuía olhos semelhantes aos olhos humanos, e uma boca que proclamava muitas palavras, e todas com grande soberba.

[20]Ndafuna nokuqonda mayela nezo mpondo zilishumi zazisentlokweni yalo, ngokunjalo nangolo phondo lwaphuma kamva, kwaza kwancothuka iimpondo ezintathu. Nditsho uphondo olwabonakala lulukhulu kunamanye, lunamehlo nomlomo, luthetha izinto ezinkulu kakhulu.

[21] Enquanto eu contemplava o que se passava, vi que o mesmo chifre fazia guerra contra os santos e prevalecia contra eles,

[21]Ke kaloku, ndisabukele njalo, olo phondo lwabahlasela abantu abangcwele bakaThixo laboyisa,

[9]“Ndim kaloku owawatshabalalisayo ama-Amori phambi kwamaSirayeli – nditsho eziya ngxilimbela zibude bunga ngumthi womsedare, nokomelela kunga ngum-oki, ndazitshabalalisa iziqhamo zawo phezulu, ndazisiphula iingcambu ezantsi.

[10] Eu, pessoalmente, vos tirei da terra do Egito e vos conduzi no deserto por quarenta anos, para que possuísseis as terras dos amorreus.

[11] Escolhi alguns de vossos filhos para serem profetas, e alguns de vossos jovens para se consagrarem como nazireus. Agora, pois, respondei! Não foi de fato assim, ó israelitas?" Oráculo de Yahweh.

[12] Contudo, fizestes com que os nazireus bebessem vinho e ordenastes aos profetas: "Não profetizeis!"

[13] Agora, pois, Eu vos triturarei em vossa própria cidade como uma carroça esmaga os pedregulhos quando passa pelo caminho carregada de trigo.

[14] Sendo assim, o mais esperto não escapará, tampouco o forte não conseguirá reunir as suas forças, e ao guerreiro não lhe será possível salvar a própria vida.

[15] O arqueiro não manterá a sua posição, o que corre não se livrará, e o cavaleiro não poderá salvar a si mesmo;

[16] naquele terrível Dia, o mais corajoso entre os valentes fugirá completamente despido!" Assevera o SENHOR.

Amós 3

Os vícios e maldades de Israel. O anúncio de castigo

[1] Ó povo de Israel, escutai atentamente o que Yahweh Elohim, Deus, fala contra vós, contra toda esta Casa que tirei do Egito:

[2] "Atentai para o fato de que Eu escolhi tão somente vós entre todas as famílias da terra; por isso Eu mesmo vos castigarei por todas as malignidades que cometestes!"

[10]Ndim owanikhupha eJiputa, ndanikhapha amashumi amane eminyaka nisentlango, nada naya kuhlutha umhlaba wama-Amori.

[11]Ndim owenza abanye boonyana benu baba ngabashumayeli, abanye baba ngamalolo kaNdikhoyo? Akunjalo yini na, bonyana bakaSirayeli?" Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[12]"Loo malolo nina niwangxale iwayini, kubashumayeli nathi: 'Musani ukushumayela.'

[13]"Mna ke ndiza kunenza nixinge apho nikhoyo, oku kwenqwelo exinga kukuzala zizithungu.

[14]Akuyi kusinda noyena unamendu umntu, nezigantsontso ziya kutsho ziphelelwe ngamandla, ikroti lingabi nako ukusindisa ubomi balo,

[15]kunkwantye nkqu neencutshe zeentolo, imbaleki ingabi nakuphuncuka, kungasindi nokhwele ehashini.

[16]Ewe, nelona laziwayo igorha liya kuswantsula zé ngaloo mini." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

UAmos 3

Isohlwayo sâbo bayimilowo kaNdikhoyo

[1]Liveni eli lizwi alibhekisa kuni uNdikhoyo, bantu bakwaSirayeli, kuni nalo lonke usapho lwakhe awalukhuphayo eJiputa:

[2]"Nini kuphela abantu endabanyulayo kwizizwe zonke zehlabathi; yiyo ke loo nto ndiza kunohlwaya ngenxa yobugwenxa benu bonke."

[3] Ora, duas pessoas poderão caminhar lado a lado se não tiverem de acordo?

[4] O leão rugirá na floresta sem que tenha uma presa em vista? O leão novo ruge em sua toca se nada caçou?

[5] Cai o pássaro numa arapuca que não foi armada? Será que uma armadilha se desarma sem que nada tenha ficado preso dentro dela?

[6] Alguém tocará o Shofar, trombeta, na cidade sem que o povo se assuste e fique preocupado? Pode ocorrer alguma desgraça na cidade sem que o próprio Yahweh tenha ordenado?

[7] Com certeza Adonai, o SENHOR Soberano, não realizará nada sobre a terra sem primeiro revelar os seu desígnio aos seus servos escolhidos, os profetas.

[8] Ora, o leão rugiu, quem não temerá? Yahweh Adonai, Deus Soberano, falou, quem não profetizará as suas palavras?

[9] Sendo assim, proclamai nas fortalezas de Asdode e nos palácios da terra do Egito, e dizei: "Ajuntai-vos sobre os montes de Samaria a fim de observardes os grandes tumultos que ocorrem ali, e quanta opressão existe no meio do seu povo!"

[10] "Eis que eles não sabem agir de acordo com o direito!" Afirma o SENHOR, "essa gente, que acumula em seus palácios o que roubam e saqueiam."

[11] Portanto, assim declara Yahweh, o Soberano: "Um inimigo cercará toda a tua terra; destruirá as tuas fortalezas e saqueará os teus palácios!"

[3]Bakha bahamba kunye na ababini bengavani?

[4]Kanene, ikhe igqume ehlathini ingonyama ingenalo ixhoba? Khona, ikhe irgargame ingonyama entsha esikhundleni sayo ingabambanga nto?

[5]Yona intaka ikhe ingene kwisabatha apho kungabekwanga mgibe khona? Sona isigu khe sifane sibambise nje, kungekho nto ibanjiweyo?

[6]Kanene, khe kubekho intlaba-mkhosi ingabothusi abantu esixekweni? Hee, khe kuvele ishwangusha esixekweni lingasuki kuNdikhoyo?

[7]Ukanti ke yona iNkosi uNdikhoyo ayenzi nto ingathanga ilityhile icebo layo kwizicaka zayo abashumayeli.

[8]Yakugqquma ingonyama, ngubani ongakhwankqiyo? Yakuthetha iNkosi uNdikhoyo, ngubani ongalayo ukushumayela?

[9]Luvakalise olu daba kumabhotwe aseAshdode; luxele nakumabhotwe aseJiputa, uthi: "Buthelani ezintabeni zaseSamariya, niye kubona imbudumbudu ekweso sixeko, niyijonge ingcinezelo elapho."

[10]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Abo bantu abazani tu nobulungisa; amabhotwe abo azele zizinto abazizuze ngobugebenga nangokuxhaphaza."

[11]Yiyo ke loo nto iNkosi uNdikhoyo itshoyo ukuthi: "Umhlaba wenu uza kurhawulwa ziintshaba, zinaphule iimpondo, zithimbe naloo mabhotwe enu."

[12] Assim afirma o SENHOR: "Do mesmo modo como um pastor consegue salvar da boca de um leão faminto apenas duas pernas e uma orelha de sua ovelha, assim também serão livrados apenas alguns israelitas que moram em Samaria, com um pedaço do leito e uma almofada de Damasco.

[13] Ouvi e protestai contra a linhagem de Jacó, diz Yahweh Adonai, Elohim! O SENHOR, o Deus dos Exércitos:

[14] "No dia em que Eu castigar Israel por causa dos seus erros e pecados, arrebentarei os altares de Betel; as pontas do altar serão cortadas e jogadas no chão.

[15] Derrubarei a casa de inverno juntamente com a casa de verão; as casas adornadas de marfim serão, igualmente, destruídas, e as mansões ficarão completamente arrasadas e desaparecerão!" Garante Yahweh, o SENHOR.

[12]Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Kuloo maSirayeli athe zava kwezo sofa zaseSamariya, ehleli kwezo zihlalo zitofo-tofo, kosinda nje imbinana, ngathi yimilenze yegusha okanye isijungqe sendlebe efane yaxhwilwa ngumalusi emlonyeni wengonyama."

[13]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo uThixo onamandla onke: "Yivani, nize niyilumkise inzala kaYakobi.

[14]Kaloku ngaloo mini ndomohlwaya uSirayeli ngenxa yeziphoso zakhe, ndiwadilize amaqonga aseBhetele, nezo mpondo zawo ndizinqumle ziwe phantsi.

[15]Ndozichitha izindlu zasebusika nezasehlotyeni, ndiwatsho abe ngamabhodlo loo mabhotwe ahonjiswe ngamabamba eendlovu, aphele amapomakazi alapho." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

Amós 4

[1] Ouvi, pois, esta advertência: ó pârâh, novilhas de Bâshân, Basã, Prolífico; que estais no monte de Samaria, e que continuas a oprimir os pobres, esmagais os necessitados e ordenam aos senhores deles: "Trazei bebidas! Alegremo-nos!"

[2] O meu SENHOR, Yahweh, jurou pela sua santidade: "Eis que virão dias em que vos levarão cativos com ganchos, e os últimos de vós por meio de anzóis!

[3] Cada um de vós sairá pelas brechas do muro, e serão atirados na direção do Harmom, ó montanha de opressão!" Garante Yahweh.

UAmos 4

Abafazi baseSamariya

[1]Liphulaphuleni eli lizwi, bafazindini basezintabeni zaseSamariya, zintondini ezityebe okweemazi zeenkomo zaseBhashan, nina nicinezela iindwayi, niwaxhaphaze amahlwempu, ezi zinto zithi kumadoda azo: "Thungani sisele!"

[2]Ifunge ubungcwele bayo iNkosi uNdikhoyo, yathi: "Seyinifikele imini yokuqweqwediswa kwenu nirhuqwa ngamagwegwe, abantwana benu betsalwa ngomlobothi.

[3]Niya kukhutshwa ngeemfanta zeendonga ezilungelelene nani; niya kulahlwa kweziya ntaba zaseHarmon." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[4] “Vinde a Betel e entregai-vos ao pecado; ide a Gilgal e multiplicai vossas transgressões! Apresentai os vossos sacrifícios a cada manhã, e os vossos dízimos de três em três dias!

[5] Queimai pão fermentado como oferta de gratidão e proclamai em toda parte vossas ofertas voluntárias; anunciai-as, pois tendes prazer nisso, ó israelitas!” Denuncia o SENHOR.

[6] “Foi exatamente por isso que vos deixei de dentes limpos, isto é, sem alimentos nas vossas cidades, e total falta de pão em toda parte; contudo, vós, ainda assim não vos convertestes a mim!” condena Yahweh.

[7] “Também fui Eu que retive a chuva quando ainda faltavam três meses para a colheita. Mandei chuva a uma cidade, mas não a outra. Uma plantação recebeu chuva; outra nada teve e secou.

[8] O povo de duas ou três cidades vagava, andando de uma cidade a outra, em busca de um pouco de água para beber, mas não conseguiu matar a sede; e ainda assim, vós não refletistes nem voltastes para mim!” Reclama o SENHOR.

[9] “Muitas vezes repreendi os vossos jardins, hortas e vinhas, por intermédio de pragas e ferrugens. Gafanhotos devoraram as vossas figueiras e oliveiras, mas ainda assim, não vos convertestes a mim!” Afirma Yahweh.

[10] “Mandei pragas contra vós, como fiz no Egito; matei vossos jovens ao fio da espada e permiti que vossos cavalos fossem

Iinkani zamaSirayeli

[4]“Yiyani eBhetele, none; niye naseGiligali, nigabadele ukona; nivuke mihla le nisondeze amadini; nizise izishumi qho ngosuku lwesithathu!

[5]Zitshiseni izonka ezinegwele zibe ngumnikelo wombulelo, nibhengeze iminikelo yenu yokuqhutywa yintliziyo, nihambe niqhayisa ngaloo nto. Nantso ke into enikholwa yiyo, nina maSirayeli.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[6]“Ndanizisela indlala ezixekweni zenu zonke, akwabikho nesuntswana eli lesonka emizini yenu, kodwa anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[7]“Ndim ozise imbalela iinyanga ezintathu phambi kwesivuno, ndanisa imvula kule dolophu, ndayishiya leya; yanetha kule intsimi, enye ndayishiya ibharhile.

[8]Basuka kule dolophu baya kuleya abantu, befuna amanzi okusela, suka akabanela. Kodwa phezu koko anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[9]“Ndahlisa ulophu olutshisayo nomngundane, zazitsho zee waca izityalo nezidiliya zenu, iinkumbi zawanqunqutha amakhiwane enu nemithi yeminquma. Phezu koko anibuyelanga kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[10]“Ndanihlisela isibetho esifana nesaseJiputa, oonyana benu bawa ngekrele edabini kunye namadoda akhwela

sequestrados; fiz com que sentísseis em vossos próprios narizes o mau cheiro causado pela quantidade de cadáveres largados nas ruas de vossos acampamentos, e mesmo assim, não refletistes nem voltastes para mim!” Aponta o SENHOR.

amahashe. Zanuka phu iikampu zenu liphunga lezidumbu zabo, suka nina anabuyela kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

11 “Devastei algumas de suas cidades, como arrasei Sodoma e Gomorra. Eis que tais cidades destruídas ficaram como um tição retirado da fornalha, e ainda assim, não vos convertestes a mim!” Acusa Yahweh.

11“Abanye benu ndababhubhisa ngalaa ndlela ndabhubhisa iSodom neGomora ngayo. Nina nasinda ngathi sisikhuni sixwilwe emlilweni, kodwa anifuni kude nibuyele kum.” Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

12 “Ora, por esse motivo ainda seguirei te castigando, ó Israel; e, porque Eu farei isto contigo, prepara-te para encontrares com o teu Elohim, Deus, ó Israel!”

12“Ke ngoko, Sirayeli, ndophinda ndikwenze konke oku. Ke, njengoko ndiza kwenjenjalo, zilungiseleleni, maSirayeli, ukuhlangana noThixo wenu.”

13 Aquele que cria e da forma aos montes, faz e controla os ventos, revela os seus desejos e pensamentos ao ser humano. Aquele que é capaz de transformar o raiar do dia em trevas, e pode pisar as montanhas da terra: Yahweh,Elohim, Deus dos Exércitos, é o seu Nome.

13Ulodala iintaba, adal' umoya, ulozityhilayo iinjongo zakhe eluntwini, ulojik' umsobomvu kuvel' urhatyazo, ulonyathela imimango ephakamileyo yomhlaba, nguNdikhoyo uThixo onamandla onke igama lakhe.

Amós 5

Predição da ruína de Israel

1 Ouvi, portanto, esta Palavra que vos trago como lamento a respeito da vossa situação, ó Casa de Israel!

2 Eis que a virgem de Israel caiu! Nunca mais se erguerá! Está desprezada em sua própria terra; ficou abandonada e ninguém a levantará.

3 Porquanto assim determina Yahweh, Adonai Deus: Na cidade da qual saem mil para servir ao exército, restarão cem; e naquela da qual saem cem, somente dez voltarão vivos para casa.

UAmos 5

Iwile intombi enguSirayeli

1Liveni ilizwi lam, ndlu kaSirayeli; nditsho esi sililo ndisenzayo ngenxa yenu:

2“Iwile bhaxa, ayiyi kube ivuke intombi enguSirayeli! Ithe qungqululu yodwa kumhlaba wakowayo, kungekho bani wokuyiphakamisa.”

3Itsho kaloku iNkosi uNdikhoyo ukuthi: “Kuya kusinda ikhulu kuloo dolophu ithumela iwaka edabini, kusinde ishumi lamaSirayeli kuleyo ithumela ikhulu lamadoda.”

[4] Pois esta é a convocação de Yahweh à nação de Israel: "Buscai-me e vivei!"
[5] Entretanto, não busqueis Betel, nem venhais a Gilgal, nem passeis a Berseba; porque Gilgal com toda a certeza será levada para o cativeiro, e Betel será reduzida a pó!
[6] Portanto, buscai o SENHOR e vivei; para que ele não extermine os descendentes de José como um terrível fogo devastador, e não haja como apagá-lo em toda Betel.
[7] Ó vós, que transformais o direito em injustiça e amargura, e ainda lançais por terra a retidão e o bom senso!
[8] Aquele que criou as Plêiades, Kiymah, as sete estrelas, e Kesiyl, Órion, e é poderoso para fazer brotar das trevas o raiar do dia, e transformar o dia claro em noite escura; que chama as águas do mar e as espalha como deseja sobre a face da terra; Yahweh é o seu Nome!
[9] Ele promove repentina destruição sobre a fortaleza, e a calamidade vem sobre a cidade fortificada.

[10] Os israelitas odeiam aqueles que defendem o direito e a justiça à porta da cidade, isto é, no tribunal; e detestam aquele que fala a verdade.
[11] Sendo assim, considerando que esmagais o pobre e necessitado, e exigis dele tributo de trigo, embora tenhais edificado casas de pedras lavradas, não habitareis nelas; embora tenhais plantado vinhas nobres, não bebereis do seu vinho.
[12] Porquanto Eu conheço bem todas as vossas transgressões, quantos e quão

USirayeli makayifune iNkosi uNdikhoyo

[4]Utsho ke uNdikhoyo kwindlu kaSirayeli ukuthi: "Quqelani kum, niphile.

[5]Musani ukuququela eBhetele, ningayi naseGiligali, ningatyeleli eBheshebha, kuba abantu baseGiligali baza kuthinjwa, iBhetele ingabi nto yanto."

[6]Quqelani kuNdikhoyo, niphile, kungenjalo uya kuza evutha, ayitshise iphele indlu kaJosefu, kungekho nabani eBhetele ongawucimayo loo mlilo.

[7]Nina nigqwetha ubulungisa bube krakra njengekhala, nibukhahlele phantsi eluthulini.

[8]Ulomenzi woomakroza noozilimela, ulojik' isithokothoko sobumnyama sibe ngumsobomvu, nemini ibe yintsunguzi yobusuku, ulovulela amanz' olwandle ankcenkceshe ngawo umhlaba, nguNdikhoyo igama lakhe.

[9]Nguye umtshabalalisi wezigantsontso; nguye umdilizi weenqaba zazo.

Quqelani kokulungileyo

[10]Niyamcaphukela umntu othanda ubulungisa ezinkundleni, nilithiye ingqina elidandalazisa inyaniso.

[11]Njengoko niwacinezela amahlwempu, niwarhumisa nangengqolowa ayivunileyo, anisobe nizihlale ezo zindlu zenu zamatye aqingqiweyo, ningasobe niyisele newayini evela kwezo zidiliya zenu zinqwenelekayo.

[12]Ndiyabazi kaloku ubuninzi bobugwenxa benu nobukhulu bezono zenu. Nitshutshisa

grandes são todos os vossos pecados! Eis que afligis o justo, aceitais suborno e negais o direito e a justiça aos necessitados que clamam junto ao portão da cidade.

13 Sendo assim, naquela época, quem for sábio e prudente guardará silêncio, porque será um tempo muito hostil.

14 Buscai o bem e jamais o mal, para que vivais; e assim Yahweh, o SENHOR Deus dos Exércitos, estará permanentemente convosco, como costumais afirmar.

15 Odiai, pois, o mal; amai profundamente o bem, e estabelecei plena justiça nos tribunais às portas das cidades! É possível que Yahweh, o SENHOR Deus dos Exércitos, se compadeça do remanescente de José.

16 Portanto, assim declara Yahweh, o SENHOR Deus dos Exércitos, Adonai: "Haverá pranto e lamento em todas as praças, e exclamarão em todas as ruas: 'Ai! Ai! Quanta tristeza!' E chamarão o lavrador para que chorar, e os pranteadores para se lamentar.

17 Haverá lamentos em todas as vinhas, pois passarei no meio de vós com espada!" Adverte Yahweh.

18 Ai de vós que desejais o Dia de Yahweh, o SENHOR! Para que quereis apressar a chegada do Dia do SENHOR? Ora, será um Yown, um tempo, de trevas e não de luz!

19 Será como se uma pessoa fugisse de um leão e se deparasse com um grande urso feroz; como se alguém entrasse em sua casa e, encostando a mão na parede, fosse picado por uma serpente!

abantu abamsulwa; niyakuthanda nokunyotywa. Amahlwempu niyawavala angeviwa ezinkudleni zenu.

13Yiyo ke loo nto zona izilumko zisuka ziwuvale owazo zingathethi, kuba eli lixesha lezinto ezimanyumnyezi.

14Quqelani kokulungileyo, ingekuko okubi, khon' ukuze niphile, naye uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, abe phakathi kwenu, njengoko nizingca ngaloo nto.

15Inkohlakalo yithiyeni, nithande ukwenza okuhle, nivuselele ubulungisa ezinkundleni zenu, mhlawumbi uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, angaba nenceba kumasalela endlu kaJosefu.

16Ngoko ke utsho uNdikhoyo, uThixo onamandla onke, iNkosi, ukuthi: "Koba sisijwili kwiindawo zonke zembutho; ezitalatweni zonke ibe ngooyoo-yoo zizikhalo. Kobizwa kwanabalimi ukuza kulila, kumenywe nabazili ukuza kubhomboloza.

17Koba seso sijwili nakwizidiliya zenu, kuba ndobe ndize kunohlwaya." Utsho uNdikhoyo.

Imini kaNdikhoyo

18Mawoo kwabo balangazelela imini kaNdikhoyo! Ngaba kanene kuni loo mini yoba yimini enjani? Imini kaNdikhoyo yoba sisithokothoko sobumnyama, ingabi kukukhanya.

19Koba ngathi umntu ubaleka ingonyama, aye kugagana nebhere. Koba ngathi umntu ungena endlwini, abambelele eludongeni, suka alunywe yinyoka kweso sandla.

[20] O Dia de Yahweh será sim, de trevas, e não de luz! Uma escuridão absoluta, sem um raio de claridade.

[21] "Ai, ai! Eu odeio e ignoro as vossas festas religiosas; também não suporto as vossas assembleias solenes.

[22] Ainda que me ofereçais holocaustos, vossos sacrifícios queimados, com vossas ofertas de cereais, não me agradarei disso tudo; tampouco olharei para as ofertas de paz e comunhão, mesmo que sejam de vossos melhores animais de engorda.

[23] Afastai, pois, da minha pessoa o som dos vossos cânticos, porque não ouvirei as melodias das vossas liras.

[24] Em vez disso, deixai correr livre o direito como um rio caudaloso, e a justiça como um ribeiro eterno!

[25] Ora, foi a mim que trouxestes vossos sacrifícios e ofertas durante os quarenta anos de caminhada no deserto, ó nação de Israel?

[26] Não! Não foi! Carregastes sim, o vosso rei Sicute, e Quium, vosso deus-estrela, imagens idólatras que construístes para vós mesmos!

[27] Por esses motivos todos Eu vos mandarei para o cativeiro, para o exílio além de Damasco!" Assevera o SENHOR, cujo nome é Yahweh Elohim, Deus dos Exércitos.

Amós 6

A corrupção de Israel. Ameaças

[1] Ai, ai, dos que vivem tranquilos em Sião, e dos que se sentem seguros no monte de Samaria. Ora, vós, homens notáveis da primeira entre todas as nações, aos quais o povo de Israel recorre!

[20]Imini kaNdikhoyo iya kuba bubumnyama, ingabi kukukhanya. Yoba sisithokothoko sentsunguzi engenalitha.

[21]"Ndiwathiyile, ndiwacekisa amatheko enu, andinamdla konke yimisitho yenu.

[22]Loo madini atshiswayo niwenzayo, kunye naloo minikelo yenu yeenkozo, andiyi kuyamkela; andiyi kuyisa so konke iminikelo yenu yobudlelane yeenkomo ezityetyisiweyo.

[23]Niyandifundekela ngezo ngoma zenu; andifuni nokusiva isandi sezo hapu zenu.

[24]Makuqukuqele ukunyaniseka njengomlambo, nobulungisa njengomsinga ongatshiyo.

[25]"Ndlu kaSirayeli, yayingendim enanimxhelela, nimenzela amadini iminyaka emashumi mane entlango.

[26]Ngoku ke niza kuyithwala loo mifanekiso kaSikuti, loo kumkani wenu, kunye nokaKiyuni, inkwenkwezi yothixo wenu enazenzelayo,

[27]kuba ndizimisele ukunigxothela kude lee ngaphaya kweDamasko, apho niya kuba ngabathinjwa khona." Utsho uNdikhoyo. NguThixo onamandla onke igama lakhe.

UAmos 6

Ukutshatyalaliswa kwamaSirayeli

[1]Mawoo! Lusizi okwenu, nina bantundini bathe zava eZiyon, nina nizicingelayo ukuba nikhuselekile kwintaba yaseSamariya – nditsho nina, zindwalutho zesizwe, nina kuziwa kuni ngabantu bakwaSirayeli.

[2] Passai a Calné e vede; ide dali à grande Hamate; depois descei a Gate dos filisteus; acaso elas são melhores que estes reinos? Os seus territórios são maiores que os vossos?

[2]Khanenjenjeya niye kuvelela iKalene, nidlule apho niye kwesaa sixekokazi iHamati, nihle nibheke eGati isixeko samaFilistiya. Ngaba loo mimandla iyidlula ngantoni eyenu? Ngaba kanene loo mihlaba mikhulu kuneyenu na?

[3] Imaginais que podeis estar afastando o Dia mau, mas na realidade estão atraindo o império do terror sobre vós!

[3]Nina niwubekela kude umhla weshwangusha, kanti nisondeza ukulawulwa lugonyamelo.

[4] Ai dos que hoje se deitam em camas de marfim e se espreguiçam confortavelmente sobre seus belos sofás, e comem os melhores cordeiros tirados do rebanho, e os novilhos mais gordos.

[4]Nithe zukumfa kwiibhedi ezihonjiswe ngamababamba eendlovu, nee ngqendevu kwezo sofa zenu, nisitya eyona nyama ikhethiweyo yegusha nenkomo.

[5] Dedilham suas liras como Davi e improvisam cânticos em vários instrumentos musicais.

[5]Nivukwa yinkenkqe yakutsho ihapu, niqambe ingoma nixelise uDavide.

[6] Que bebem vinho em grandes taças e se ungem com o melhor óleo, mas não se incomodam com a ruína de José.

[6]Nizibetha zichuchumale iindebe yiwayini, niziqhole ngawexabiso amafutha, ningabi nantlungu ngokutshabalala kwendlu kaJosefu.

[7] Por essa razão estareis entre os primeiros a serem presos e expatriados; então cessarão os banquetes dos que vivem folgadamente.

[7]Ngoko ke kuya kuqala kuthinjwe nina, aphele loo matheko enithe zava kuwo.

[8] Eis que Yahweh Deus jurou por si mesmo! Assim declara Yahweh, o SENHOR Deus dos Exércitos: “Detesto a arrogância de Jacó e odeio os seus palácios; por isso entregarei a cidade e tudo o que nela há!”

[8]INkosi uNdikhoyo ifunge igama layo; ewe, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo, uThixo onamandla onke, uthi: “Ndiyalicekisa ikratshi lenzala kaYakobi; ndithiye nkqu loo mabhotwe bahlala kuwo. Ke ngoko isixeko nako konke okukuso ndiza kusinikela kwiintshaba.”

[9] Se dez homens forem deixados numa casa, eles não escaparão da morte!

[9]Kumzi ekukho ishumi lamadoda kuwo, aya kufa.

[10] E se um parente que tiver que queimar os corpos vier tirá-los da casa e indagar a alguém que ainda estiver se refugiando ali: “Há, porventura, mais alguém convosco?”, e

[10]Siya kuthi isizalwana esingcwabayo xa siphakamisa isidumbu sisikhuphela ngaphandle ukuze sitshise amathambo, sakubiza umntu osengontsini yendlu sisithi:

a resposta que se ouvir for: “Não!”, então ele lhe replicará: “Cala-te! Porquanto não devemos sequer mencionar o Nome de Yahweh!”

[11] Porquanto Yahweh ordenou expressamente, e ele mesmo despedaçará a casa grande e reduzirá a pó a casa pequena!

[12] Porventura galopam os cavalos sobre os rochedos? Poderá alguém lavrar ali com uma junta de bois? Mas vós transformastes o direito em veneno, e o fruto da justiça em amargura;

[13] vós, que vos alegrais pela conquista de Lo-Debar, Nulidade, e ainda exclamais: “Por ventura não tomamos Carnaim, Cifres de poder, mediante a nossa própria força?”

[14] Ó Casa de Israel, diz Yahweh, o SENHOR Deus dos Exércitos: “Levantarei contra vós uma nação pagã, e ela vos oprimirá desde Lebo-Hamate, no norte do Líbano, até o riacho de Arabá que corre para o mar Morto.

Amós 7

A visão da locusta, do fogo e do prumo

[1] Yahweh, o SENHOR me deu a seguinte visão: Ele estava preparando enxames de gafanhotos depois da colheita do rei, justo quando brotavam a segunda safra e a relva da primavera.

[2] Então, logo depois que os gafanhotos devoraram todas as plantas dos campos, eu clamei: “Ó Yahweh, Adonai, Soberano, rogo-te, perdoa! Se a calamidade continuar como Jacó poderá sobreviver? Considerai o quanto ele é frágil!

[3] E Yahweh demonstrou nâcham, arrependimento e compaixão, e afirmou: “Eis que isto não ocorrerá!”

“Ngaba uwedwa apho?” aze athi: “Ndindedwa!” isizalwana eso sithi: “Yithi cwaka; igama likaNdikhoyo malingakhankanywa kule nto.”

[11]Niyabona, uthethile uNdikhoyo; umzi omkhulu uwudiliza ube ngamabhodlo nomncinane ube ziintanda.

[12]Akhe aphale na amahashe emaweni? Ngaba ukho olima apho ngeenkabi zeenkomo? Kodwa nina ubulungisa nibujike baba yityhefu, nokunyaniseka nakutsho kwaba likhala elikrakrayo.

[13]Nivuyiswa kukuthimba iLodabhare, futhi niqhayisa ngokuthi iKarnayim nayoyisa ngamandla enu.

[14]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo, uThixo onamandla onke, uthi: “MaSirayeli, ndinizisela isizwe! Siza kuniphatha gadalala ukususa kulaa ngxingwa yaseHamati kude kuye kutsho kulaa ntili ingaseArabha.”

UAmos 7

Umbono weenkumbi

[1]Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndabona idala umqikela weenkumbi xa kanye ingca yayiqala ukuntshula emva kokuba imfuyo kakumkani yayisikelwe utyani.

[2]Ndazibona xa seziza kulugqiba lonke uhlaza, ndathi: “Tarhu, Nkosi yam Ndikhoyo, baya kuphila yintoni kodwa abantu bakwaYakobi, beziindwayi nje?”

[3]UNdikhoyo wasijika isigqibo sakhe. “Ayiyi kuba senzeka loo nto,” utshilo uNdikhoyo.

[4] Então o SENHOR, Adonai, revelou-me também que, para o julgamento, estava convocando o fogo, o qual secou o grande abismo e devorou a terra.

[5] Então eu roguei novamente: “Ó Adonai, Soberano SENHOR! Eu te suplico que pares agora! Como Jacó poderá suportar tudo isso? Ele é pequeno demais!”

[6] E Yahweh sentiu nâcham, compaixão e arrependimento, e garantiu: “Eis que isso também não acontecerá!”

[7] Em seguida o SENHOR me fez ver mais isso: O Eterno com um prumo na mão, estava junto a um muro construído sob o rigor de medidas exatas.

[8] E Yahweh me indagou: “Amós, que vês?” Ao que respondi: “Um prumo” E Adonai me explicou: “Observa que colocarei o prumo entre as pessoas que constituem o meu povo Israel; e nunca mais vou poupá-lo!

[9] Mas os altares idolatras de Isaque serão destroçados, e os santuários de Israel se tornarão um monte de entulho; Eu me levantarei com a espada do juízo contra a dinastia de Jeroboão!”

[10] Então o sacerdote de Betel, Amazias, mandou esta mensagem a Jeroboão, rei de Israel: “Eis que Amós está tramando uma conspiração contra ti no centro de Israel. A nação não saberá combater as suas palavras e se deixará influenciar por ele!

Umbono womlilo

[4]Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndayibona ilungiselela ukohlwaya uluntu ngomlilo. Loo mlilo waqala ngokutshisa amanzi enzonzobila, wabuya usiza kubhubhisa umhlaba.

[5]Ndaza ndathi: “Nceda, Nkosi Ndikhoyo; pheza ngoku. Abantu bakwaYakobi baya kuphela, beziindwayi nje!”

[6]UNdikhoyo wasijika isigqibo sakhe malunga nalo mba. “Ayiyi kuba senzeka loo nto,” itshilo iNkosi uNdikhoyo.

Isixhobo sokulungelelanisa

[7]Naku eyandibonisa kona. INkosi yayimi ngaseludongeni olwalwakhiwe lumpuluswa, iphethe isixhobo sokulungelelanisa.

[8]Uthe ke kum uNdikhoyo: “Amos, ubona ntoni?” Ndathi: “Ndibona isixhobo sokulungelelanisa.” Yathi iNkosi: “Uyabona, ndiza kubalinganisa ngesixhobo sokulungelelanisa abantu bam amaSirayeli. Ke andiyi kubuya ndijike ndingabohlwayanga.

[9]Zonke eziya ndawo ziphakamileyo banqula kuzo abendlu kaIsake ziza kubhanga. Ziza kuba ngamabhodlo zonke izibingelelo zamaSirayeli. Indlu kaJerobhowam ndiza kuyibhangisa ngekrele.”

UAmos noAmaziya

[10]UAmaziya owayengumbingeleli eBhetele wathumela kukumkani uJerobhowam wakwaSirayeli, wathi: “UAmos ukwenzela iyelenqe apha kanye kwaSirayeli. Ilizwe alingekhe liwanyamezele onke amazwi akhe.

[11] Amós anda pregando nestes termos: 'Jeroboão tombará ao fio da espada, e com toda certeza, Israel será levado cativo para fora da sua terra!'"

[12] Mais tarde Amazias expulsou Amós, dizendo: "Vai embora, vidente! Retira-te depressa e vai profetizar em Judá; vai ganhar teu pão por lá com tuas palavras!

[13] De agora em diante, não profetizarás mais em Betel, porque é o santuário onde o nosso rei adora e o principal templo do reino!"

[14] Diante disso, eis o que Amós respondeu a Amazias: "Eu não sou profeta, nem filho de profeta, não faço parte de nenhuma escola de profetas; sou apenas um criador de gado e faço colheita de sicômoros, figos silvestres.

[15] Entretanto, Yahweh me chamou e me tirou do serviço junto ao rebanho e me ordenou: 'Vai agora! E profetiza a Israel, o meu povo!'

[16] Sendo assim, eis que tu ouvirás a Palavra de Yahweh, o SENHOR, neste momento! Tu dizes: 'Não profetizes contra Israel, nem fales contra a Casa de Isaque'

[17] Mas, eis que Yahweh te sentencia, dizendo: 'Tua esposa se prostituirá na cidade, e teus filhos e filhas morrerão pela espada, e tua terra será loteada; e tu morrerás numa terra tâme', pagã, e Israel certamente será levado cativo para o exílio distante!'"

Amós 8

A visão de um cesto de frutos. Ameaças contra Israel

[11]Kaloku uAmos uthi: 'UJerobhowam uza kufa likrele, amaSirayeli wona athinjwe afuduswe emke kweli lizwe.' "

[12]Waza wabhekisa kuAmos uAmaziya, wenjenje: "Hamb' umke, mbonindini! Hamba ubuyele kwilizwe lakwaJuda, uphangele uzuze isonka sakho ngokushumayela apho.

[13]Uzungabuye uphinde ushumayele apha eBhetele. Le yindawo yokunqulela ukumkani; esi sisibingelelo sakomkhulu."

[14]Wathi uAmos ukuphendula uAmaziya: "Mna andinguye umshumayeli, ndingenguye noweqela labashumayeli abahlawulwayo. Ndingumfuyi mna, ndaye ndilima amakhiwane.

[15]Ndisuswe nguNdikhoyo koko kufuya. UNdikhoyo uthe kum: 'Yiya ushumayele kubantu bam amaSirayeli.'

[16]Phulaphula ke, ulive ilizwi likaNdikhoyo. Wena uthi: 'Musa ukushumayela kuwo amaSirayeli, ungathethi lizwi lichaseneyo nendlu kaIsake.'

[17]Ke yena uNdikhoyo utsho kuwe ukuthi: 'Umkakho uza kuhamba ehenyuza esixekweni. Oonyana bakho neentombi zakho baza kufa likrele. Umhlaba wakho uza kwabelwa abanye abantu. Wena uza kufela ezweni elicekisekileyo. Andisathethi ke ngawo amaSirayeli; wona aza kususwa kowawo umhlaba, asiwe ekuthinjweni.' "

UAmos 8

Ingobozi ezele ziziqhamo

[1] Eis que Yahweh, o SENHOR Deus, me mostrou um cesto de frutas de verão e me indagou:

[2] "Amós, o que vês?" Ao que eu lhe respondi: "Um cesto de frutas maduras" Então o SENHOR me revelou: "Pois bem, eis que chegou o fim do meu povo Israel; nunca mais mudarei de ideia para perdoá-lo!

[3] Mas, naquele Dia, os cânticos no templo se tornarão expressões de pesar e lamento. Muitos serão os cadáveres; enorme quantidade de corpos jogados por todos os lugares! Silêncio absoluto!"

[4] Ouvi isto com atenção! Vós que esmagais os necessitados e destruís os pobres da terra,

[5] murmurando: "Quando acabará a lua nova para que vendamos o cereal? E a que horas terminará o período do shabbāth, sábado, para que possamos comercializar o trigo, diminuindo o efa, a medida, e aumentando o siclo, o preço; enganando a muitos com balanças adulteradas,

[6] e assim podendo comprar o pobre mediante a prata para que se torne servo, e o necessitado por um par de sandálias, vendendo até palha de trigo?"

[7] Yahweh jurou contra a arrogância de Jacó: "Jamais esquecerei de nenhum dos atos que eles praticaram.

[8] Porventura não estremecerá toda a terra por causa disso? Não pranteará todo aquele que nela habita? Certamente toda esta terra

[1]Naku eyandibonisa kona iNkosi uNdikhoyo. Ndabona ingobozi ezele ziziqhamo ezivuthiweyo.

[2]Yathi: "Amos, ubona ntoni?" Ndathi mna: "Ndibona ingobozi ezele ziziqhamo ezivuthiweyo." Uthe kum uNdikhoyo: "Sesifikile isiphelo kubantu bam amaSirayeli, oku kwesiqhamo esivuthiweyo, yaye andiyi kubuya ndiphinde ndibaxolele.

[3]Ngaloo mini iingoma zasebhotwe ziya kujika zibe sisijwili. Kuya kujuba izidumbu ngapha nangapha, kuthi nzwanga. Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo."

Intshabalalo yamaSirayeli

[4]Phulaphulani, nina niwacinezelayo amahlwempu, nizama ukuzicim' igama iindwayi.

[5]Nina nithi: "Yaz'ba iya kuphela nini le misitho yentwasa-nyanga, side size kuthengisa isivuno sethu? Iya kuda idlule nini yona le mihla yokuphumla, khon' ukuze sananise ngengqolowa?" Ibe kanti umlinganiselo niza kuwucutha, ixabiso lona nilinyuse, nenze ubuqhetseba ngezikali ezinganyanisekanga.

[6]Amahlwempu niza kuwathenga ngesiliva, abasweleyo nibafumane nokuba kungeembadada, nithengise nkqu nangomdlungu wengqolowa.

[7]UNdikhoyo, iqhayiya likaYakobi, ufunge esithi: "Ndikhonje, andisobe ndizilibale nanini na izenzo zabo!

[8]Aliyi kunyikima na ilizwe ngenxa yoku, baze benze isijwili bonke abemi balo? Awuyi kuphakama na umhlaba uxele

se erguerá como o Nilo, será agitada e logo em seguida afundará como o próprio ribeiro do Nilo!”

9 “Eis que naquele grande Dia”, assegura Yahweh, o Soberano: “Farei o sol se pôr ao meio-dia, e em plena luz do dia escurecerá toda a terra!

10 Transformarei as suas festas sagradas em velório, e todos os seus cânticos de júbilo em murmúrios de pesar. Farei com que todos vistam roupas de luto e rapem a cabeça em sinal de profundo lamento. Farei daquele Dia, um dia de dor e luto por um filho único, e o final desse dia, como uma tarde de profunda amargura!”

11 “Eis que estão chegando os dias”, previne o SENHOR, Adonai, “em que mandarei a fome sobre toda esta terra; não simplesmente a fome por comida, nem a sede de água; mas a fome e a sede de ouvir e se alimentar da Palavra do SENHOR.

12 Os homens vaguearão de um mar a outro, do Norte ao Oriente, buscando a Palavra de Yahweh, mas não lhes será possível encontrar.

13 Naquele Dia as moças bonitas, e os rapazes vigorosos desmaiarão de sede.

14 Aqueles que juram por Asima e outros deuses pagãos, vergonha e pecado de Samaria, e os que proferem: ‘Juro pelo nome do seu deus, ó Dã’ ou ainda ‘Juro pelo poder de Berseba’, todos tombarão ao fio da espada para nunca mais se levantar!”

Amós 9

Visão da ruína do altar. Promessa de restauração

iNayile, uphinde uthothe njengaloo mlambo waseJiputa?”

9Nguwo lo umlomo weNkosi uNdikhoyo: “Ngaloo mini ilanga liya kutshona emini emaqanda, kube sisithokothoko emhlabeni ngexesha lasemini.

10Amatheko enu aya kujika abe yinzila, iingoma zenu zibe sisililo. Niya kuzibhijela amarhonya nizile, iintloko zenu zibe nenkqayi. Kuya kuba ngathi ningumntu ozilele umntwana okuphela kwakhe. Loo mini yesiphelo iya kuba krakra.”

11Nguwo lo umlomo weNkosi uNdikhoyo: “Seyisondele imihla yokuba ndihlise indlala ehlabathini, ingabi kukulambela ukudla okanye ukunxanelwa amanzi, koko ibe kukufuna ukuva amazwi kaNdikhoyo.

12Baya kubhadula abantu, bebheka ngapha nangapha, bathi bengasentla babe bengasempumalanga, bezingela ilizwi likaNdikhoyo. Kambe ke abasayi kulifumana.

13“Ngaloo mini iinzwakazi neenzwana ziya kuyoba lunxano.

14Abo bafunga loo nto ilihlazo laseSamariya, besithi: ‘Ekhonje uthixo wakho, Dan,’ besithi: ‘Ikhonje indlela abanyuka ngayo abantu ukuya kunqula eBheshebha,’ bona baya kuwa, bangabi sabuya bavuke.”

UAmos 9

Isigwebo sikaNdikhoyo

[1] Eis que contemplei Adonai, meu Deus, junto ao Altar, e ele me ordenou: “Bate no topo das colunas para que tremam os umbrais; e despedaça-os sobre a cabeça de todos os presentes; quanto as pessoas que sobrarem Eu as matarei ao fio da espada. Ninguém conseguirá fugir, nenhum deles escapará!

[2] Mesmo que escavem até o Sheol, as profundezas, dali a minha mão os alcançará e os tirará; ainda que subam aos céus, de lá os farei descer.

[3] Se tentarem se esconder no topo do Carmelo, lá os caçarei e os prenderei. Se buscarem as profundezas do mar para se ocultarem dos meus olhos, darei ordem à grande Serpente, e ela os morderá.

[4] Ainda que sejam levados ao cativeiro por seus inimigos, ali ordenarei que a espada os extermine. Eis que me colocarei em vigilância permanente para lhes fazer o mal e não o bem!”

[5] Pois Adonai, o SENHOR dos Exércitos, é o que toca a terra, e ela se derrete, e todos os seus habitantes pranteiam; Adonai ergue toda a terra como o Nilo, e depois diminui suas águas como o ribeirão do Egito.

[6] Ele constrói suas câmaras no céu e firma a sua abóbada sobre a terra; ele reúne as águas do mar e as espalha como deseja sobre toda a superfície da terra. Yahweh é o seu Nome!

[7] “Ó israelitas, não sois vós para comigo como os etíopes? Porventura não livrei

[1]Ndayibona iNkosi imi ngaseqongeni lamadini, yaza yathi: “Betha ezo ntsika phezulu kude kushukume umgubasi. Zaphule, ziwele phezu kwabo bantu balapho. Bonke abantu abaseleyo ndiza kubabulala ngekrele. Akukho namnye uya kubaleka; akukho bani uya kusinda konke.

[2]Nokuba bangade bazembele baye kutsho kwelabafileyo, ndiya kubakhupha apho. Nokuba bangade banyukele phezulu ezulwini, ndiya kubathula nalapho.

[3]Ndithi nokuba bangade baye kuzimela phezu kwentaba iKarmele, ndiya kubazingela nalapho, ndibakhuphe. Bangade baye kuzimela ezantsi elwandle, bazifihle kum, nalapho ndobathumela ngenyoka yaselwandle, ibadle.

[4]Nokuba bangade basiwe ekuthinjweni ziintshaba, nalapho ndothi mababulawe ngekrele. Ndowatsolisa amehlo am phezu kwabo, kungenganjongo yakubenzela okuhle, kodwa kungenjongo yokubenzela ububi.”

[5]Itsho linyibilike yakulichukumisa ihlabathi iNkosi uNdikhoyo onamandla onke, kube sisijwili kubo bonke abemi balo. Ihlabathi liya kuphakama lixele iNayile, liphinde lithothe njengaloo mlambo waseJiputa.

[6]Ulobhotwe lakhe lakhiw' ezulwini, amis' uphahla lwesibhakabhaka phezu komhlaba; ulobiz' amanz' olwandle awagalele phezu komhlaba – nguNdikhoyo igama lakhe.

[7]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: “Kum nina maSirayeli anahlukanga nganto kumaKushe. Andithi kanene ndim lo

Israel da terra do Egito, e os filisteus de Caftor, Creta, e os sírios de Quir?

[8] Ora, os olhos de Deus, Adonai, estão contra este reino pecador, e Eu o eliminarei da face da terra; mas não destruirei por completo a Casa de Jacó!" Assegura Yahweh.

[9] "Porquanto darei ordens e sacudirei a Casa de Israel entre todas as nações, do mesmo modo que se sacode o grão na peneira; contudo, nem um só grão cairá sobre a terra!

[10] Todos os pecadores que há no meio do meu povo serão exterminados por meio da espada do juízo, os quais alegam: 'A desgraça jamais nos atingirá, tampouco seremos encontrados por ela!'

[11] Eis, portanto, que naquele Dia levantarei a Tenda caída de Davi. Consertarei o que estiver danificado, e restaurarei as suas ruínas. Eu mesmo a reerguerei, para que seja tão exuberante quanto foi nos dias antigos;

[12] para que eles possuam o restante de Edom e todas as nações chamadas pelo meu Nome!" Garante Yahweh, que cumprirá todas essas promessas!

[13] "Os dias estão chegando", afirma o SENHOR, "em que o que lavra seguirá logo após o que colhe, e o que pisa uvas, ao que lança a semente; e os montes destilarão vinho novo e saboroso, e todas as colinas se derreterão!

wakhupha amaSirayeli eJiputa, amaFilistiya ndawakhulula kumaKrete namaSiriya eKire?

[8]Inene, ndiyiNkosi uNdikhoyo nje, ndibuqwalasele ubukumkani obonayo, ndaye ndiza kubususa ehlabathini. Phofu andiyi kuyicima kuphele indlu kaYakobi." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[9]"Ukususela ngoku ndiza kuthi makahlukuhlwe ahlelwe amaSirayeli phakathi kwezizwe, kanye njengokuba ingqolowa ihlukuhlwa ihlelwe esefini, kambe akuyi kubakho lukhozo luwa emhlabeni.

[10]Bonke aboni phakathi kwabantu bam baza kufa ngekrele, nditsho nkqu abo bathi: 'Intlekele ayikusihlela; ewe, ngekhe isifikele.' "

Ukubuyiselwa kwamaSirayeli

[11]"Ngaloo mini ndiya kuwuvusa umzi kaDavide ongamanxiwa. Ndozityabeka iimfanta zeendonga zawo, ndiwavuse loo mabhodlo, abe njengoko ayenjalo ngaphambili.

[12]Abantu bam baya kuthatha umhlaba wamaEdom oseleyo, nalowo wezizwe ezazikade zibizwa ngegama lam." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo, yena oya kukwenza konke oku.

[13]Ewe, nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Kuza imihla ekuya kuthi kusavunwa kube sekulinywa kwakhona, kuthi isatyalwa imbewu yediliya kube sekuxovulwa. Ewe, iintaba ziya kuvuzisa incindi yeediliya, iinduli zitsho zinyibilike.

[14] Então trarei de volta Israel, o meu povo expatriado terá nova sorte, eles haverão de reconstruir as cidades a partir de suas ruínas e nelas habitarão em paz. Plantarão vinhas e beberão do seu bom vinho; cultivarão pomares e comerão do seu fruto.
[15] Assim haverei de plantá-los no seu território, para nunca mais serem desarraigados da terra que lhes outorguei!” Assegura Yahweh, o seu Elohim, Deus.

[14]Ndiya kubabuyisa ekuthinjweni abantu bam amaSirayeli, bawavuse amanxiwa ezixeko zabo, bahlale kuzo, balime izidiliya, basele iwayini yazo, balime izitiya, badle iziqhamo zazo.

[15]Ndiya kubazinzisa emhlabeni wabo, bangabe babuye basuswe kuwo umhlaba endibanike wona.” Utsho uNdikhoyo uThixo wenu.

Obadias	UObhadiya

Obadias 1

Os pecados e o castigo de Edom. A restauração e felicidade de Israel

1 Eis, pois, a mensagem que Yahweh, o SENHOR Deus, enviou a Obadias por meio de visão profética sobre a nação de Edom: “Ouvimos um aviso de Yahweh, e foi enviado um mensageiro por entre as nações para comunicar: ‘Levantai-vos! Unamo-nos para atacar Edom!’

2 Vê! Eu te farei pequeno entre as demais nações; serás tratado com total desconsideração!

3 A arrogância do teu coração te enganou, ó tu que habitas nas fendas do penhasco, na tua alta morada, que cogitas em teu intimo: ‘Quem poderá me derrubar na terra?’

4 Ora, ainda que subas muito alto como a águia e estabeleça o teu ninho entre as estrelas, te derrubarei das alturas!” Garante Yahweh.

5 “Se roubadores o atacassem, saqueadores no meio da noite o surpreendessem, não furtariam somente o que lhes bastasse? Ó como estás destruído! Se os que colhem uvas viessem a ti, não deixariam ao menos alguns cachos para trás?

6 Contudo, como Esaú foi saqueado! Como foram pilhados os seus tesouros mais secretos e estimados!

7 Todos os teus aliados te empurraram em direção aos limites das fronteiras; os que mantinham paz contigo te enganaram e prevaleceram contra ti; os teus melhores amigos, aqueles que comem do teu pão, são

UObhadiya 1

Ukohlwaywa kwe-Edom

1Nanku umbono kaObhadiya. Ngokuphathelele kwiEdom iNkosi uNdikhoyo itsho ukuthi: Luvakele udaba oluvela kuNdikhoyo; sigalelekile ezizweni isigidimi, sisithi: “Vukani, siye kulwa naye uEdom!”

2UNdikhoyo uthi kwiEdom: “Uyabona, ndokwenza ube mncinane phakathi kwezizwe; uya kusuka udeleke mpela.

3Ikratshi elisentliziyweni yakho likukhohlisile. Wena uhlala ezimfanteni zamawa, wena ukhaya likweliphezulu, xa uzithethela uman' usithi: ‘Ngubani oya kundithula andise emhlabeni?’

4Noba ungade untinge njengokhozi, ewe, noba usezinkwenkwezini umzi wakho, nalapho mna ndiya kukuthoba.” Lowo ke ngumlomo kaNdikhoyo.

5“Xa ufikelwe ngamasela, ewe, nokuba zizihange ebusuku, aya kûba kangangoko anako, akushiyele kodwa. Nabavuni beediliya bavuna bagqibe, kushiyeke umkhwahlazo. Kodwa eyakho intshabalalo iya kugqithisa.

6Kaloku, wena Esawu, uya kugqogqwa uphengululwe, konke okwakho okunexabiso kuthinjwe.

7Oogxa bakho bokududulela emideni. Izihlobo zokukhohlisa utsho woyisakale. Abo ubusidla kunye nabo bokugcayisela, kodwa sobe uyiqonde loo nto.”

os mesmos que preparam armadilhas para teus pés; de fato, não há entendimento algum em Edom."

[8] "Naquele Dia", afirma Yahweh, "exterminarei os sábios de Edom, e os mestres dos montes de Esaú.

[9] Então os teus valentes ficarão apavorados, ó Temã, e todos os teus guerreiros serão eliminados dos montes de Esaú.

[10] E isto te ocorrerá por causa da impiedosa matança que realizaste contra teu irmão Jacó; serás,pois, coberto de humilhação e vergonha, e exterminado serás para sempre.

[11] No dia em que estiveste próximo, mas do lado oposto, quando estranhos levaram os bens dele, e os estrangeiros arrombaram seus portões e lançaram sortes sobre Jerusalém, tu os seguistes e agistes da mesma maneira que eles!

[12] No entanto, não devias ter contemplado com satisfação o dia da desgraça do teu irmão; tampouco se alegrado com a destruição do povo de Judá; nem escancarado tua boca para falar com arrogância sobre o dia da aflição do teu próximo!

[13] Jamais deverias ter entrado pelas portas do meu povo no dia da sua calamidade; nem devias ter ficado alegre diante do padecimento dessa gente no dia da sua ruína; muito menos ter roubado seus bens e tesouros durante o dia da desgraça do meu povo.

[14] Não devias ter feito emboscadas nas encruzilhadas, a fim de liquidar as poucas

[8]Nguwo lo umlomo kaNdikhoyo: "Mhla ndamohlwaya uEdom ndozitshabalalisa izilumko zakhe, kungabikho mntu uqiqayo kwezo ntaba zakwaEsawu.

[9]Ke wona amadoda omkhosi waseTeman osuka arhwaqele; bonke abakwiintaba zakwaEsawu baya kunqunyulwa babulawe.

[10]Ngenxa yobundlobongela obenze kumntakwenu, nditsho umninawe wakho onguYakobi, ihlazo liya kukugubungela, utshatyalaliswe ngonaphakade."

Isizathu sesohlwayo

[11]"Ngaloo mini wena wema bhuxe ngeli xesha utshaba luthath' ubutyebi. Iintlanga zangena emasangweni, zenza amaqashiso ngeJerusalem, suka wena waba njengomnye wazo.

[12]Akwaba ubungamdelanga umntakwenu, nditsho ngemini yakhe yelishwa. Akwaba ubungagcobanga ngenxa kaJuda ngemini yakhe yentshabalalo. Akwaba ubungaqholosanga mhla lalibhek' umoya kuye.

[13]Ngewungangenanga kumasango abantu bam ngomhla wabo wesithwakumbe. Ngewungabajongelanga phantsi ngenkxwaleko yabo ngemini yentlekele yabo. Ngewungabuxhaphazanga ubutyebi babo ngomhla weshwangusha labo.

[14]Akwaba ubungemanga eziphambukeni ukuze unqakule iimbacu zabo. Amasalela

pessoas que conseguiam escapar da matança; muito menos ter entregado alguns sobreviventes aterrorizados ao inimigo.

15 Eis, portanto, que o Dia de Yahweh está muito próximo! E esse Dia vem sobre todas as nações! Como fizeste ao teu próximo, assim se fará contigo; o teu feito retornará sobre a tua própria cabeça!

16 Do mesmo modo como bebestes da minha punição, no meu santo Monte, todas as nações ao redor igualmente o sorverão sem parar. Embebedar-se-ão de castigo até o fim, e serão como se jamais tivessem existido.

17 Contudo, no alto do monte Tsión, Sião, haverá livramento, e lá estarão todos os que escaparam; e ele será santo, e a descendência de Jacó possuirá a sua herança.

18 A Casa de Jacó será semelhante a um grande fogo, e a Casa de José, como que labaredas; a descendência de Esaú será como a palha. Eles a incendiarão e a consumirão. Não haverá sobreviventes da Casa de Esaú!" E assim será, porquanto Yahweh o disse.

19 Os do Neguebe se apossarão dos montes de Esaú, e os da Sefelá, as terras entre a planície costeira e as montanhas, ocuparão a terra dos filisteus. Eles tomarão posse dos campos de Efraim e de Samaria, e Benjamim se apossará de Gileade.

20 Os cativos do exército dos israelitas tomarão posse do território dos cananeus até Sarepta; os exilados de Jerusalém que

ngewungawanikelanga elutshabeni mhla kwakugos' okwaphukayo."

UThixo uza kuzohlwaya izizwe

15"Ewe, kuzo zonke izizwe imini kaNdikhoyo isondele. Loo nto uyenzileyo, wena Edom, iya kubuya yenziwe nakuwe; isikhuni siya kubuya nomkhwezeli.

16Njengoko nina nayisezwayo ibhekile yesohlwayo entabeni yam engcwele, ngokunjalo nezinye izizwe ziya kuyisezwa, phofu ziyisele zingayeki. Ewe, ziya kusela zibimbilize, zide zibe ngathi zange zabakho."

Ubukumkani boba bobukaNdikhoyo

17"Ke kwintaba iZiyon kuya kubakho abasindileyo; yona yobuya ibe yindawo engcwele. Indlu kaYakobi iya kulixhamla ilifa layo, libe sezandleni zayo.

18Indlu kaYakobi iya kuba ngumlilo, indlu kaJosefu ibe lidangatye. Ke yona ekaEsawu ibe ngumququ, bayintumeke umlilo itshe iphele. Akusayi kubakho masalela kule ndlu kaEsawu mpela-mpela." Etshilonje uNdikhoyo, utshilo.

19"Ke zona iintaba zakwaEsawu zomiwa ngabantu belasezantsi; ke bona abakumazantsi eentaba beme kumhlaba wamaFilistiya. Bowuthatha umhlaba kaEfrayim nowaseSamariya, abakwaBhenjamin beme eGiliyadi.

20Iimbacu zamaSirayeli ziya kuyithimba iKanana ziye kutsho eZarefa, iimbacu zaseJerusalem eziseSefaradi zithimbe iidolophu zelasezantsi.

estão em Sefarade, ocuparão as cidades do Neguebe.

[21] O povo de Deus, vitorioso, haverá de subir o monte Tsión, Sião, e governarão a montanha de Esaú. E Yahweh será o Rei!

[21]Abahlanguli bophuma eZiyon, bazilawule iintaba zakwaEsawu, ubukumkani bube bobukaNdikhoyo.”

Jonas	UJona

Jonas 1

A vocação de Jonas, a sua fuga e o seu castigo

[1] A Palavra de Yahweh veio a Yonáh ben‘Amittay, Jonas filho de Amitai, com esta ordem:

[2] “Dispõe-te e vai à grande cidade de Niynveh, Nínive, quer dizer, Morada de Ninus, e prega contra ela, porque a sua malignidade subiu até a minha presença!”

[3] Entretanto, Jonas decidiu fugir da presença de Yahweh, o SENHOR, e partiu na direção de Tarshish,Társis, isto é, Jaspe Amarelo. Descendo para a cidade de Yâphô, Jope, ou seja, Formosa, encontrou um navio pronto à zarpar para Társis, pagou a passagem e embarcou nele, a fim de ir para a cidade de Társis, tentando escapar da presença de Yahweh.

[4] Contudo, Yahweh, fez soprar um forte vento sobre o mar, e caiu uma tempestade tão devastadora que o barco ameaçava arrebentar-se.

[5] Todos os marinheiros foram tomados de grande pânico, e cada um daqueles homens passou a clamar ao seu próprio deus. Em seguida lançaram ao mar a carga do navio, com o propósito de deixar a embarcação mais leve. Jonas, no entanto, havia se refugiado no porão do navio; e, tendo-se deitado, dormia profundamente.

[6] O capitão dirigiu-se a ele e indagou: “Como consegues ficar dormindo numa hora dessas? Levanta-te agora mesmo e começa a clamar também ao teu deus! Talvez assim ele se lembre de nós para que não venhamos todos a perecer!

UJona 1

Ukubaleka kukaJona

[1]Ke kaloku ilizwi likaNdikhoyo lafikela uJona unyana ka-Amitayi, lisithi:

[2]“Hamba uye kweso sixekokazi siyiNiniva, usishumayeze, kuba inkohlakalo yaso seyide yaza kufika nakum.”

[3]Kambe ke yena uJona wambaleka uNdikhoyo, wasabela eTashishe. Wehla waya eJopa, apho wafumana inqanawa eya eTashishe. Akuba ke eyihlawule imali yendlela, wakhwela wasinga eTashishe, ebaleka uNdikhoyo.

[4]Ke kaloku uNdikhoyo wathumela umoyakazi omkhulu apho elwandle; yaba sisaqhwithi esayitsho yasemngciphekweni wokuqhekeka inqanawa leyo.

[5]Abaqhubi benqanawa leyo baphakuzela, yangulowo nalowo wakhala kuthixo wakhe. Umthwalo wenqanawa bawuphungulela elwandle, bezama ukuba ibe khaphukhaphu. Ke yena uJona wayesuke wehla wangena kumagumbi asezantsi, walala obentlombe.

[6]Ingqwayi-ngqwayi yenqanawa leyo ke yaya kuye, yafika yathi: “Ngani ukuba ulale, thongorhandini? Vuka, ubize uThixo wakho! Mhlawumbi angasikhumbula, size singatshabalali.”

[7] Então os marinheiros chegaram a uma conclusão entre si: "Vinde e lancemos sortes, para saber quem é o responsável por essa desgraça que se abateu sobre nós!" E, de fato, jogaram as sortes, e a sorte caiu sobre Jonas.

[7]Ke bathi omnye komnye: "Yizani senze amaqashiso ukuze sibhaqe lo mntu ungunobangela wale ntlekele." Benjenjalo ke, laza iqashiso laphuma noJona.

[8] Imediatamente lhe perguntaram: "Declara-nos, pois, neste momento, por culpa de quem nos sobreveio esta tragédia? Quem és tu e qual a tua ocupação? De onde vens e qual a tua terra? A que povo pertences tu?

[8]Baza ke bathi kuJona: "Khawutsho! Ngubani unobangela wale ntlekele? Uzokwenza ntoni apha? Khona, uvela phi? Liphi ikowenu? Ungumni kakade?"

[9] E Jonas passou a responder-lhes: "Eu sou hebreu, e temo a Yahweh, Elohim, o Deus dos céus, que fez o mar e a terra!"

[9]UJona waphendula wathi: "Mna ndingumHebhere. Ndinqula uNdikhoyo uThixo wamazulu, lo udale ulwandle kunye nomhlaba."

[10] Então aqueles homens ficaram horrorizados e lhe repreenderam: "Que é isso que fizeste?" Porquanto os homens sabiam que ele fugia do SENHOR, pois ele já lhes havia contato tudo.

[10]Ke kaloku loo madoda othuka gqitha, kuba uJona wawachazela ukuba elapho nje ubaleka uNdikhoyo, aza athi kuye: "Yintoni na le uyenzileyo?"

[11] Considerando que o mar estava cada vez mais revoltoso, os marinheiros lhe inquiriram: "O que devemos fazer contigo, a fim de acalmar este mar?"

[11]Ke lona ulwandle lwaqhubela phambili ukulwa. Baza ke bathi kuJona: "Masenze ntoni ngawe ukuze ulwandle luzole?"

[12] Diante do que Jonas lhes aconselhou: "Pegai-me e lançai-me ao mar, e ele haverá de se aquietar; pois sei que esta violenta tempestade caiu sobre vós por minha causa!"

[12]UJona waphendula wathi: "Ndifunquleni nindiphose elwandle, ukuze luzole. Kaloku ndiyaqonda ukuba ndim lo unizisele olu qhwithela."

[13] Contudo, os homens ainda se esforçavam ao máximo para remar de volta à terra; todavia sem sucesso, e o mar ficava cada vez mais tempestuoso.

[13]Kambe ke abaqhubi bazama kangangoko ukuyisa elunxwemeni inqanawa leyo. Kodwa ke nelo icebo lafadalala kuba ulwandle lwaya luthatha unyawo ngokulwa.

[14] Por isso suplicaram a Yahweh nestes termos: "Ó SENHOR! Eis que nós te rogamos, ó Yahweh! Não nos deixe morrer

[14]Badanduluka kuNdikhoyo ke bathi: "Awu, Ndikhoyo, uze ungasohlwayi ngenxa yokufa kwale ndoda. Uze ungalibizi kuthi igazi

por conta da vida deste homem, e que não nos culpes pelo sangue inocente; porque tu, ó Yahweh, fizeste como te aprouve fazer!”

15 Então agarraram Jonas e o lançaram ao mar enfurecido; e logo este se acalmou.

16 Assim que notaram que o mar se aquietara, todos os homens adoraram e louvaram a Yahweh com grande temor, oferecendo-lhe sacrifícios e fazendo-lhe votos.

17 Entrementes, Yahweh, o SENHOR, fez com que um grande peixe engolisse Jonas, e ele ficou dentro desse peixe durante três dias e três noites.

Jonas 2

Jonas no ventre do grande peixe, sua oração e seu salvamento

1 Então, dentro do ventre do peixe, Jonas orou a Yahweh, o seu Elohim, Deus.

2 E disse: “Em meu desespero clamei a Yahweh, e ele me respondeu! Do ventre do Sheol, da morte, gritei por livramento, e tu, ó SENHOR, ouviste o meu clamor.

3 Pois me lançaste nas profundezas, no coração dos mares, e as correntezas formaram um turbilhão ao meu redor; todas as grande ondas e vagas passaram por sobre mim.

4 Então pensei: Fui expulso da tua presença; poderei contemplar o teu santo Templo uma vez mais?

5 Eis que as águas todas me cercaram até as profundezas da alma, o abismo me cercou, as algas marinhas se enrolaram em minha cabeça.

6 Afundei até chegar aos fundamentos dos montes; à terra embaixo, cujas trancas me

elimsulwa. Kaloku yonke le nto ikholeke kuwe, Ndikhoyo.”

15Amfunqula ke uJona, amphosa elwandle, lwaza ke ulwandle olulwayo lwadamba.

16Le nto ke yawatsho amhlonela uNdikhoyo loo madoda, aza amenzela idini, enza nezibhambathiso kuNdikhoyo.

17Kambe ke uNdikhoyo wayalela intlanzi enkulu, yaza yamginya uJona. Wahlala apho kuyo ke iimini ezintathu nobusuku bazo.

UJona 2

UJona uyathandaza

1Elapho embilinini waloo ntlanzi uJona wathandaza kuNdikhoyo uThixo wakhe,

2wathi: “Ekubandezelekeni kwam ndakhala kuNdikhoyo, waza ke yena wandiphendula. Ndakhala ndisemathunjini engcwaba, waza ke wena waliva ilizwi lam.

3Wena wandiphosa enzonzobileni, phakath' enzulwini yolwandle, yaza ke imisinga yandigubungela, amaza akho alatyuza andisibekela.

4Ndathatha ndibeka ndisithi: ‘Ndigxothiwe phambi kwakho.’ Noko ke ndobuya ndiyikhangele indlu yakho engcwele.

5Andigubungela phants' andirhaxa amanzi, ndathi zwabhabha enzonzobileni. Izityalo zolwandle zayithandela intloko yam.

6Ndatshona ndehla mpela, ndee xhaxhe ngeengcambu zeentaba. Ndafika nakwelo

aprisionaram para sempre. No entanto, tu fizeste subir a minha vida de volta do Sheol, da sepultura, ó meu SENHOR Elohim!

7 Eis que quando minha vida já se ia apagando, eu me lembrei de ti, Yahweh, e a minha oração subiu à tua presença, ao teu santo Templo.

8 Aqueles que acreditam em ídolos inúteis afastam de si a verdadeira chêsêd, piedosa benevolência.

9 Eu, porém, te oferecerei sacrifícios com voz de ação de graças. O que prometi cumprirei fielmente! Sim, eis que yeshû'âh, a salvação, vem do SENHOR Yahweh."

10 E Yahweh deu ordem ao peixe, e este vomitou Jonas na praia.

Jonas 3

Jonas prega em Nínive. O arrependimento dos ninivitas

1 Então a Palavra de Yahweh, o SENHOR, veio a Jonas pela segunda vez com esta orientação:

2 "Levanta-te e vai agora mesmo à grande cidade de Nínive. E assim que lá chegar prega contra ela a mensagem que Eu mesmo haverei de te entregar!"

3 Jonas, sem demora, obedeceu à Palavra do SENHOR e partiu para Nínive. E Deus tinha um propósito para aquela grande cidade, cuja extensão levava-se três dias para percorrer.

4 Jonas entrou na cidade e caminhou por ela por um dia inteiro proclamando: "Eis que daqui a quarenta dias Nínive será destruída!"

lizwe elivalwe mfamlibe ngemivalo. Ke wena, Ndikhoyo Thixo wam, wandibuyisa ndiphilile kwelo ngcwaba.

7"Ndithe ndakubona ukuba ubomi bam buyacutheka, suka ndakukhumbula wena, Ndikhoyo, umthandazo wam wanyukela kuwe, waya kutsho endlwini yakho engcwele.

8Kambe ke, abazilibazisa ngezithixo ezingento yanto, balahlekana nenceba yakho.

9Ke mna ndonikela kuwe ngedini, ndihlabele iculo lokukudumisa. Ndosifezekisa isibhambathiso sam. Usindiso lukuNdikhoyo."

10Ke kaloku uNdikhoyo wayiyalela intlanzi, yaza yamhlanza uJona emhlabeni owomileyo.

UJona 3

UJona uya eNiniva

1Liphinde lafika ilizwi likaNdikhoyo kuJona, lisithi:

2"Hamba uye kweso sixekokazi siyiNiniva, ufike ushumayele olu daba ndikunike lona."

3Ke uJona walithobela ilizwi likaNdikhoyo, waya eNiniva. INiniva le ibisisixeko esikhulu gqitha. Bekumthatha umntu iintsuku ezintathu ukuphumela kuyo.

4Ke kaloku uJona waluqala uhambo lwakhe kweso sixeko. Akuba ehambe imini yonke wadanduluka wathi: "Yoba ziintsuku

5 Então os ninivitas creram em Deus. Combinaram um jejum geral, e todo o povo, dos mais importantes e ricos aos mais simples e pobres, se vestiram com uma roupa feita de pano grosseiro a fim de demonstrar publicamente que reconheciam seus pecados e estavam arrependidos.

6 Quando o rei de Nínive tomou conhecimento da pregação e de tudo que ocorria na cidade, ele se levantou do trono, tirou o manto real, vestiu-se também de pano de saco e sentou-se sobre cinzas.

7 E então proclamou em Nínive: “Eis que por decreto do rei e de seus nobres; fica proibido a todo homem ou animal, bois ou ovelhas, provar de qualquer alimento! Portanto, não havereis de comer nem beber nada!

8 Cobri-vos de vestes de arrependimento e lamento, tanto as pessoas como os animais. E todos os cidadãos orem a Deus com todas as suas forças. Cada pessoa abandone seu mau caminho e toda atitude violenta.

9 Talvez Deus volte sua face para nós, se arrependa, e acalme o furor da sua ira, de modo que não sejamos destruídos!”

10 Deus observou tudo quanto fizeram: como se converteram do seu mau caminho e abandonaram a violência. E atendeu as orações do povo, voltou atrás e não destruiu a cidade como havia ameaçado.

Jonas 4

O descontentamento de Jonas e a resposta do Senhor

ezimashumi mane kuphela, itshatyalaliswe iNiniva.”

5Abo bantu baseNiniva balwamkela olo daba lukaThixo. Ngoko ke bamisela inzila, baza bonke abantu, kuqalela komdala kuye komncinane, bavatha ezenzila.

6Akuyiva le nto ukumkani wakhona waphuma ebhotwe, umnweba wakhe wawuthi tya phaya, wanxiba ezenzila, wahlala eluthuthwini.

7Waza ke wakhupha isaziso esithi: “Nasi isaziso esigunyaziswe ngukumkani namaphakathi: Makuzilwe, kungabikho mntu okanye silwanyana ongcamla nantoni na, nditsho iinkomo nempahla emfutshane. Ewe, makungatyiwa nto, kungàselwa namanzi.

8Abantu nemfuyo mabavathe ezenzila. Bonke mabakhale kuThixo ngamandla, bahlukane neendlela zabo ezimbi nogonyamelo lwabo.

9Mhlawumbi uThixo angayijika ingqondo yakhe, abuye nganeno ngengqumbo yakhe, size ke thina singatshabalali.”

10Ke kaloku uThixo wasibona isenzo sabo nokwahlukana kwabo neendlela zabo ezimbi. Ngoko ke uThixo wayijika ingqondo yakhe, akabi sabatshabalalisa njengoko wayezimisele.

UJona 4

Ukucaphuka kukaJona nenceba kaThixo

[1] Entretanto, Jonas ficou extremamente decepcionado com tudo isso e irou-se sobremaneira.

[2] Então orou a Yahweh e desabafou, dizendo: "Ah! Eterno! Pois não foi exatamente isso que eu disse quando ainda estava em minha casa? Foi por esse motivo que decidi fugir para Társis. Eu sabia que tu és 'Êl, Deus, misericordioso, compassivo, longânime, rico em amor e que ameaças castigar mas te arrependes!

[3] Ó Yahweh, agora, portanto, tira a minha vida, eu te rogo; afinal é para mim melhor morrer do que seguir vivendo!"

[4] E Yahweh, o SENHOR, lhe questionou: "Tens alguma razão para te deixares enfurecer desta maneira?"

[5] Então Jonas saiu para consolar-se num lugar a Leste, Oriente, da cidade; ali armou uma tenda, e sentou-se debaixo dela, à sombra, até ver o que mais aconteceria com à cidade.

[6] Yahweh Elohim, Deus, fez crescer uma espécie de mamoneira sobre Jonas, a fim de oferecer mais sombra e conforto à sua cabeça, livrando-o do calor excessivo. E Jonas ficou bastante alegre por causa da planta.

[7] Todavia, no dia seguinte, ao alvorecer, Deus enviou uma lagarta que atacou o arbusto que, sendo frágil, secou.

[8] Logo que apareceu o sol, Deus trouxe um vento oriental muito quente e seco, e o sol fustigou a cabeça de Jonas, ao ponto de ele quase perder os sentidos. E por isso, ele desejou morrer, e exclamou: "Ah! Para mim

[1]Ke kaloku esi sehlo samkhathaza uJona, wacaphuka gqitha.

[2]Wathandaza kuNdikhoyo esithi: "Kwowu, Ndikhoyo, le nto yileya ndayithethayo kwandisesekhaya. Kwakungenxa yayo ndakhawulezayo ukubalekela eTashishe. Bendisazi ukuba wena unguThixo onesisa nenceba, uThixo oza kade umsindo nonobubele obukhulu, uThixo oyijikayo ingqondo yakhe asiyeke isohlwayo.

[3]Ngoko ke ndiyakubongoza, Ndikhoyo, buthathe ubomi bam, kuba kum ukufa kungcono kunokudla ubomi."

[4]UNdikhoyo waphendula wathi: "Unaso na isizathu sokuba uqumbe?"

[5]Ke kaloku uJona waphuma waya empuma yeso sixeko, waza ke wahlala phantsi. Wazakhela iphempe, waza wahlala emthunzini walo ukuze ayibukele kakuhle loo nto yayiza kwehla apho eNiniva.

[6]Ke uNdikhoyo uThixo wamisela umthi ukuba ukhule apho ecaleni kwakhe ukuze umenzele umthunzi, ukhusele intloko yakhe, iyenze ibe bhetele imeko yakhe. Ke uJona wawuvuyela gqitha loo mthi.

[7]Kambe ke ekuseni ngengomso uThixo wawuthumela ngombungu loo mthi, wawugrenya watsho wabuna.

[8]Lithe ke lakuphuma ilanga uThixo wathumela umoya wasempuma onolophu, laza lanqanqaza ilanga phezu kwentloko kaJona. Kwanzima kuye; phantse wayoba. Watsho wanqwenela ukufa, wathi:

seria melhor morrer do que continuar vivendo!"

[9] Contudo, Deus questionou a Jonas outra vez: "Tens algum motivo para estares tão furioso por causa da planta?" Ao que replicou Jonas: "Sim, tenho! E estou irado a ponto de preferir a morte!"

[10] Entretanto Yahweh ponderou-lhe: "Ora, Jonas, tens compaixão desta planta, embora não tenhas cuidado dela: não a fizeste crescer nem a podasse. Ela simplesmente nasceu numa noite e na outra noite morreu.

[11] Por outro lado, Nínive tem mais de cento e vinte mil seres humanos que não sabem nem discernir entre a mão direita e a esquerda, tampouco entre o bem e o mal, além de muitos animais inocentes. Não haveria Eu de ter pena dessa grande cidade?"

"Kungcono ukuba ndife kunokuba ndidle ubomi."

[9]Ke kaloku uThixo wathi kuye: "Unaso na isizathu sokuba uqumbe ngenxa yalo mthi?" UJona wathi: "Ndifanele ukuvutha ngumsindo, nditsho onokude undise ekufeni!"

[10]UNdikhoyo wathi kuye: "Lo mthi uwukhathalele ngani, ungakhange ubulaleke nje ngawo, futhi ungakhuliswanga nanguwe? Lo mthi ukhule ngobusuku, wabuya wafa kwangobusuku.

[11]Ke, uthi kukangakanani kum mayela nesi sixekokazi siyiNiniva? Uthi mandingavelani naso ngoku sinabantu abangaphezu kwekhulu elinamashumi amabini lamawaka, abangekawazi umahluko phakathi kwesandla sasekunene nesasekhohlo, kwakunye ke nemfuyo eninzi?"

Miqueias	UMika
Miqueias 1	**UMika 1**
Ameaças contra Israel e Judá por causa de sua injustiça e rebelião	**Intshayelelo**
[1] Veio a Palavra de Yahweh em visão a Micháh, Miqueias, cujo nome significa: Quem é Como o SENHOR; natural da cidade de Moresete-Gate, durante os reinados de Jotão, Acaz e Ezequias, reis de Judá; visão profética que lhe foi dada com respeito a Samaria e Jerusalém:	[1]Nali ilizwi likaNdikhoyo elafikela uMika waseMoreshete ngemihla kaJotam noAhazi noHezekiya, ookumkani bakwaJuda, awalibonayo ngokusingisele kwiSamariya neJerusalem:
	ISamariya neJerusalem
[2] Ouvi, pois, todos os povos; e tu, ó terra, e tudo o que há em ti, prestai atenção! Que Yahweh, Adonai, o Soberano, do alto do seu santo Templo seja testemunha contra vós!	[2]Yivani, nina nonke zizwe; phulaphulani, mhlaba nabo bonke abemiyo kuwo. UNdikhoyo uSomandla unika ubungqina ngawe; yena uthetha esendlwini yakhe engcwele.
[3] Porquanto Yahweh já partiu da sua habitação; e em breve descerá e caminhará sobre os lugares altos da terra.	[3]Nanko ephuma ekhayeni lakhe; ewe, nanko esiza ehamba ezindaweni eziphakamileyo.
[4] Os montes se derreterão debaixo dele como cera diante do fogo, e os vales se fenderão como as águas que se precipitam por um abismo.	[4]Uya kunyathela iintaba zitsho zinyibilike, zibe ngathi ngumthwebeba emlilweni. Uya kunyathela iintili zitsho zimke, kube ngathi kuhl' iimpuphuma zamanzi ethambekeni –
[5] Tudo isso ocorre por causa da transgressão de Jacó e devido a todos os pecados da Casa de Israel. Qual é pecado de Jacó? Porventura não é Samaria? Qual é o altar idólatra de Judá? Não será Jerusalém?	[5]nto leyo ihla ngenxa yobugwenxa bukaYakobi; ewe, le nto ingenxa yesono sendlu kaSirayeli. Bubugwenxa buni obu bukaYakobi? AsingoSamariya na? Yiyiphi indawo ephakamileyo yokukhonza izithixo kwaJuda? AsiyoJerusalem na?
[6] “Sendo assim farei de Samaria um monte de entulho em campo deserto; uma terra para plantar vinhas; atirarei suas pedras no vale e descobrirei os seus fundamentos.	[6]“Ngoko ke iSamariya ndoyitsho ibe yimbuqe, ibe yintili yokutyala isidiliya. Loo matye ayo ndowaphosa entilini, iziseko zayo zisale zize.
[7] Todas as suas imagens esculpidas serão arrebentadas, todos os bens que conquistou mediante tua imoralidade serão queimados	[7]Imifanekiso eqingqiweyo yezithixo zakhona yoba ziingceba; iminikelo kwindlu yokunqula yotshiswa ngomlilo.

no fogo, e destruirei todos os seus ídolos. Considerando que tudo quanto ela acumulou foi produto da prostituição, como salário de prostituta voltará a ser usado!”

8 Por isso lamentarei e prantearei, andarei descalço e despido; uivarei durantes as noites como os chacais, e gemerei de tristeza como um filhote de coruja.

9 Porque as feridas de Samaria são incuráveis, e o mal que carrega já contaminou Judá; estendeu-se até a porta do meu povo, até Jerusalém.

10 Não anuncieis isso em Gath, Gate, Prensa de Uvas; não choreis em Bete-Ofra, Casa da Poeira; mas revolvei-vos no pó!

11 Parti em humilhação e nudez, ó habitantes de Saphir, Bela e Agradável. Os moradores de Zaanan, Sairão, não conseguirão deixar sua cidade. Bete-Ezel, Casa do Aperto, está pranteando, porquanto lhe foi retirada a proteção.

12 Os que vivem em Mârôth, Amargura, se contorcem de dor aguardando alívio, porque a desgraça já veio da parte de Yahweh até as portas de Jerusalém.

13 Ó moradores de Lachish, Láquis, Parelha Invencível, atrelai aos carros de guerra as vossas parelhas de cavalos. Fostes o inicio dos erros e pecados da cidade de Tsión, Sião, pois as transgressões de Israel foram aprendidas e praticadas por vós!

14 Por isso dareis presentes nupciais de despedida a Moresete-Gate. A cidade de Akhzãbh, Aczibe, Engano, se revelará fraudulenta para os reis de Israel.

Ndoyitshabalalisa imifanekiso yezithixo. Kaloku izuzwe ngobuhenyu; yophinda ke ibuyele kwakubuhenyu bengqesho.”

Isililo

8Ngesi ke isizathu ndobhomboloza ndikhale; ndohamba ndinganxibanga zihlangu, ndizé, nditsho ngomkhulungwane ngathi ngudyakalashe, ndigqumshele ngathi yinciniba.

9Kaloku inxeba leSamariya alinyangeki, ngoku selisosulela noJuda lo. Selikumasango abantu bam; ewe, kwiJerusalem ngenkqu.

10Le nto ze ningayibiki eGati; ze ningakhe nigixe konke-konke. Ze nizibhuqa-bhuqe eluthulini eBhete-leafra.

11Dlulani nihamba zé nilihlazo, nina bemi baseShafire. AbaseZanan abacingi baphume. IBhete-ezele ikwinzilo; akukho ndawo isondele kuyo yokuzikhusela.

12AbaseMaroti bayapena-pena ziintlungu, belangazelela okulungileyo, kuba isithwakumbe sivele kuNdikhoyo, sathi gaxa kumasango eJerusalem.

13Nina bemi baseLakishe, bophelan' amahash' enqwelweni. Yaba nini abangcamli besono, neZiyon nayikhokelela kwakuso; ubugwenxa bukaSirayeli bufunyenwe kuni.

14Nangoku nab' izipho zokwahlukana, ninikezele kwiMoresheti yaseGati. IAkezibhi yona ngumkhohlisi; ibagqibile ookumkani bakwaSirayeli.

[15] Ó moradora de Maressa, Mar'êshâh, Conquistador, ainda trarei a ti aquele que te possuirá; a glória de Israel irá até Adulão.
[16] Rapai, pois, a vossa cabeça em sinal de luto e lamento por causa dos vossos filhos no quais tendes tanto prazer; tornai-vos calvos como a águia, porquanto eles serão tirados de vós e levados para o cativeiro.

[15]Ke nina, bemi baseMaresha, ndiya kunizisela oya kunidla ilifa. Yena lowo usisidima sikaSirayeli uza kufika eAdulam.

[16]Zilani nigugule nitsho ngeenkqayi ngenxa yabantwana enibathandayo. Chengezelisani ngeempandla ngathi lixhalanga; kaloku baza kuthathwa basiwe ekuthinjweni.

Miqueias 2

[1] Ai daqueles que tramam maldades; que mesmo repousando em suas camas planejam crueldades. E, logo que o dia amanhece eles executam seus planos malignos, pois têm poder para isso.
[2] Eles cobiçam campos e terrenos, e tomam posse deles; invejam e desejam casas e propriedades de outros e acabam por apoderarem-se delas. E não têm escrúpulos em agir com violência contra qualquer homem e sua família; agridem com impiedade o semelhante e os seus herdeiros.
[3] Portanto, assim revela Yahweh: “Eis que estou planejando contra essa gente uma desgraça, da qual não podereis ficar livres. Não mais andareis em arrogância, porquanto será um tempo de desgraça sobre todos vós.
[4] Naquela época sereis menosprezados e se escarnecerão de vós entoando esta triste canção: ‘Estamos completamente destruídos; esquartejada foi a propriedade do meu povo. Ele a retirou de mim! Repartiu as nossas terras entre os invasores!’”
[5] Por este motivo, não estareis na assembleia de Yahweh para a divisão da terra por sorteio!

UMika 2

Isohlwayo sabacinezeli

[1]Mawoo ke, nina baceba ububi – nditsho nina bayila inkohlakalo kwiimandlalo zenu! Kwakusa benza loo nkohlakalo, kuba kaloku isemandleni abo.

[2]Bakunqwenela intsimi bayayohlutha; bakubawela indlu bayayoxutha. Umzi womntu bawuthatha ngobuqili, ilifa lomfo liphelele kubo.

[3]Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: “Ndiniqulunqela isithwakumbe, bantundini; aningekhe nibe nako ukusinda kuso. Soze nibe sahamba ngebhongo, kuba koba kugos' okwaphukayo.

[4]Ngaloo mini niya kuba sisigculelo, baphoxise ngani ngelenzila iculo, besithi: ‘Basivuthulule satshabalala mpela; balahlula-hlule ilifa labantu bam. UNdikhoyo ulithathile kuthi walinikela kwabo bangabavukeli.’ ”

[5]Ngoko ke akuyi kubakho mntu, nditsho ebandleni likaNdikhoyo, oya kwaba umhlaba ngeqashiso.

[6] Eis que eles aconselham: "Não pregueis! Não havereis de falar sobre tais assuntos; afinal, a desgraça jamais vos alcançará!"
[7] Ó Casa de Jacó, por acaso é isso que está sendo proclamado: "O Espírito de Yahweh perdeu a paciência? É assim que ele procede?" Diz o SENHOR: "Eis que as minhas palavras fazem bem àquele que anda corretamente!
[8] Entretanto, ultimamente, meu povo se levantou como um inimigo da sua própria gente; além da túnica, arrancais a capa dos que passam confiantes e orgulhosos como quem retorna da guerra.
[9] Ora, arrancais de seus lares seguros e confortáveis as mulheres do meu povo; tirai a minha glória e dignidade dos vossos filhos pequenos para sempre.
[10] Erguei-vos e ide, pois aqui, não é lugar de repouso, está contaminado por causa da impureza e da impiedade que traz grande destruição, sem que haja remédio.
[11] Se alguém, que anda no espírito da falsidade, enganar e mentir, alegando: 'Eu profetizarei para ti fartura de vinho e de bebida forte!'; vós o aceitareis, e esta pessoa será aclamada profeta entre vós!

[12] Em verdade, eis que te ajuntarei todo, ó Jacó; por certo carregarei o restante de Israel; Eu mesmo os haverei de reunir a todos, como ovelhas num aprisco, como um rebanho no meio da boa pastagem; haverá ruído de grande multidão!

[13] Aquele que Pârats, abre o Caminho, irá adiante deles; passarão pelos portões e

Abashumayeli abakhohlisayo

[6]Abashumayelayo bathi: "Hayi, musa ukushumayela! Sukushumayela ngayo le nto; akukho hlazo liya kusihlela."

[7]Ndlu kaYakobi, ngani ukuba kuthiwe: "Ngaba uMoya kaNdikhoyo ukhathazekile? Uthi angazenza izinto ezinjalo?" "Akazali buhle na amazwi am kwabo bahamba ngokuthe ngqo?

[8]Abantu bam basand' ukundivukela oku kotshaba. Abo badlulayo bengacingele nto, oku kwamajoni avela emfazweni, nibahluba izambatho zabo ezingayiwayo.

[9]Niyabagxotha abafazi bakowethu, bemke emizini elibhongo labo. Abantwana babo nibohlutha intsikelelo yam, bangaze bayifumane naphakade.

[10]Yithi thwas' uhambe, kuba le asiyondawo yakuphumla. Ewe, le ndawo ixabhelekile; ifikelwa yintshabalalo engenakunqandwa.

[11]Ukuba kufika ixoki lomkhohlisi lisithi: 'Mna ndishumayela indyebo; yoba yindyikityha yewayini notywala;' yena woba ngoyena mshumayeli ulungileyo kwaba bantu!"

Ukubuyiswa kwamasalela

[12]"Ngenene ndoniqokelela nonke, nzala kaYakobi; ewe, ndowahlanganisela ndawonye amasalela kaSirayeli. Ndonidibanisela ndawonye ngathi ziigusha esibayeni. Oku komhlambi osedlelweni baya kuxokozela ngokuba baninzi kwabo abantu.

[13]Uvulindlela wohamba phambi kwabo; botyhoboza baphume esangweni.

sairão do outro lado incólumes! E o Melek, o Rei, deles, Yahweh, os guiará!”

Ukumkani woba yena ekhokele, uNdikhoyo ngokwakhe abe yintloko yabo.”

Miqueias 3

Ameaças contra os chefes e os falsos profetas

1 Então eu disse: Ouvi, rogo-vos, ó chefes de Jacó, e vós, ó príncipes da Casa de Israel: Não sois vós conhecedores do direito?

2 Vós, que odiais o bem e sois apaixonados pelo mal, que arrancais a pele do meu povo e a carne dos seus ossos?

3 Aqueles, pois, que se alimentam da carne da minha gente, arrancam a sua pele, despedaçam os seus ossos e os cortam como se fossem carne para a cozer em panela!

4 Chegará a hora em que clamarão a Yahweh, porém ele não mais lhes responderá. Naqueles dias ele esconderá a face devido a toda malignidade que eles têm praticado.

5 Portanto, assim diz o SENHOR: “Concernente aos profetas que induzem o meu povo ao erro, desviando-os do Caminho. Quando se lhes é oferecida uma boa refeição, proclamam shalom: paz e prosperidade; contudo, pregam guerra contra aqueles que não lhes empanturram de comida.

6 Por tudo isso, sim, as trevas virão sobre vós; um tempo de noite sem que haja visões; haverá densa escuridão, sem qualquer divina revelação. O sol se porá e o dia se escurecerá completamente para todos os profetas!

7 Os videntes envergonhados, e os adivinhos constrangidos e humilhados, todos cobrirão

UMika 3

Kugxekwa iinkokheli zakwaSirayeli

1Suka ke mna ndathi: “Phulaphulani, zinkokheli zakwaYakobi, nani balawuli bendlu kaSirayeli. Beningafanele na ukubuqonda ubulungisa?

2Kambe ke, nibuthiyil' ubulungisa, nithand' ububi. Abantu bam nibahlubulula ulusu, nibabhunyule inyama emathanjeni.

3Ewe, abantu bam nibadla ngathi bayinyama, nibahlube ulusu lwabo, amathambo abo niwakroboze, nibanqunqe oku kwenyama elungele imbiza, ngathi yinyama eza kuphekwa ngongxawu.”

4Boba ngakhala ke kuNdikhoyo asuke yena angabaphenduli. Ngelo xesha yena uya kubafulathela ngenxa yobubi ababenzileyo.

5Ngokusingisele kubashumayeli abalahlekisa abantu bakowethu, abalilisela ngoxolo kwabo babanika ukutya, ukanti kwabo bangabanikiyo sele bequlele imfazwe, utsho uNdikhoyo ukuthi:

6“Ngoko ke ubusuku buya kunigubungela, ningabi namibono; kuya kuba mnyama, ningabi satyhilelwa nto. Abashumayeli botshonelwa lilanga, nemini isuke ixubayele.

7Iimboni ke zona ziya kuhlazeka, oosiyazi baphoxeke. Baya kuba zizishwayimbana,

o rosto, porquanto não haverá mais respostas da parte de Elohim, Deus!"

8 Contudo, quanto a minha pessoa, graças ao poder do Espírito de Yahweh, o SENHOR, estou cheio de força e de amor pelo que é direito e justo, e assim posso confrontar Jacó com a sua transgressão, e a Israel com o seu pecado!

9 Ouvi, pois, isto, ó chefes da Casa de Jacó, e vós, governantes da Casa de Israel, que odiais a justiça e perverteis tudo que é justo;

10 que vos aplicais a construir Tsión, Sião, mediante o derramamento de sangue, e Jerusalém com a impiedade.

11 Vossos líderes ajuízam debaixo da influência de subornos, seus sacerdotes ministram visando lucro, e até vossos profetas fazem revelações em troca de prata. E pior, ainda ousam apoiar-se no SENHOR, alegando: "Eis que Yahweh está no meio de nós. Nenhuma desgraça virá sobre nossas cabeças!"

12 Portanto, por causa de vós, Sião será arada como um campo, Jerusalém se tornará um monte de entulho, e a colina do Templo, um matagal inútil.

Miqueias 4

O anúncio da vocação dos gentios

1 Então, nos últimos dias acontecerá que o monte da Casa de Yahweh, o Templo do SENHOR, será estabelecido como o principal entre todos os montes da terra e se elevará sobre as montanhas, e os povos irão a ele.

babufihle ubuso, kuba bengaphendulwa nguThixo."

8Ke mna okokwam ndomelele; uMoya kaNdikhoyo uyandongamela, undithe jize ngobulungisa namandla, ukuze ndixelele uYakobi ubugwenxa bakhe, uSirayeli ndimbonise isono sakhe.

9Yivani, zinkokheli zendlu kaYakobi, nani balawuli bendlu kaSirayeli, nina babuthiyileyo ubulungisa, nina bagqwethi bolungelelwano.

10IZiyon niyakha ngobutyadidi begazi; iJerusalem niyiseka ngenkohlakalo.

11Iinkokheli zayo zisebenza ngenxa yokunyotywa; ababingeleli basebenzela inzuzo, nabashumayeli benza izityhilelo khon' ukuze bazuze imali, kodwa bayame ngoNdikhoyo besithi: "UNdikhoyo ukho phakathi kwethu. Ngekhe sihlelwe bububi mpela."

12Ngoko ke, ngenxa yenu, iZiyon yolinywa njengentsimi, iJerusalem yona ibe ngamabhodlo; ke yona intaba yendlu kaThixo ibe ngummango wamahlathi.

UMika 4

Uxolo olungaphele ndawo

(Isaya 2:1-4)

1Ke kaloku ngemihla yokugqibela intaba emi kuyo indlu kaNdikhoyo iya kuba yeyona ibalaseleyo, izikrobele zonke iinduli; nabantu baya kugxalathelana ukuya kuyo.

[2] E muitas nações chegarão, exclamando: “Vinde, subamos ao monte de Yahweh e à Casa do Elohim, Deus, de Jacó, a fim de que nos ensine os seus caminhos, e para que andemos sob suas orientações; porquanto de Tsión, Sião, virá a Torá, Lei, e a Palavra de Yahweh, o SENHOR, de Jerusalém.

[3] Ele julgará entre muitos povos e resolverá contendas entre nações poderosas e distantes. Estas converterão suas espadas em arados, e das suas lanças farão foices. Nenhuma nação erguerá sua espada contra a outra, e não mais aprenderão a guerrear.

[4] Todo ser humano estará livre para sentar-se debaixo da sua videira e debaixo da sua figueira, e ninguém o incomodará nem ameaçará, porque isto é o que nos assegura Yahweh, o SENHOR dos Exércitos!

[5] Pois cada um dos povos pagãos age em nome dos seus deuses; entretanto, nós caminharemos em o Nome de Yahweh, o nosso Elohim, Deus, por toda a eternidade!”

[6] Eis o que diz Yahweh: “Naquele Dia reunirei os que tropeçam e ajuntarei os que foram expulsos e os que Eu mesmo açoitei.

[7] Farei dos que tropeçam um remanescente fiel, e dos dispersos, uma nação forte. E Yahweh reinará sobre todos eles no monte Sião, daquele Dia em diante e para sempre!

[8] E a ti, ó migdâl, torre do rebanho, capital de Davi, montanha e fortaleza da cidade, filha, de Sião; a ti lhe será restaurado o antigo domínio e a majestade, o reino da cidade de Jerusalém.

[2]Ewe, izizwe ezininzi ziya kuza zithi: “Yizani siye entabeni kaNdikhoyo, endlwini kaThixo kaYakobi. Yena wosifundisa iindlela zakhe, ukuze thina sihambe ngazo.” Kaloku umthetho wophuma eZiyon, liphume eJerusalem ilizwi likaNdikhoyo.

[3]Nguye oya kugweba phakathi kwabantu, abe ngumlamli phakathi kwezizwe ezikude nezomeleleyo, wona amakrele awenze amakhuba, yona imikhonto ibe zizitshetshe zokuthena imithi. Kaloku izizwe soze ziphinde ziqulelane ngamakrele, zingasayi kuze ziphinde ziqeqeshelwe imfazwe.

[4]Bonke ngabanye bophumla phantsi kwemidiliya yabo, umntu ahlale phantsi komkhiwane wakhe, kungekho namntu uya kuboyikisa. Kaloku uthethile uNdikhoyo uSomandla.

[5]Zonke izizwe ziya kuhamba emagameni oothixo bazo; ke thina siya kuhamba egameni likaNdikhoyo uThixo wethu nanini nanini.

Ukubuya ekuthinjweni

[6]Umlomo kaNdikhoyo uthi: “Ngaloo mini ndiya kuziqokelela neziqhwala, neembacu ngokwazo ndizihlanganise, ngokunjalo nâbo ndibabandezeleyo.

[7]Iziqhwala ndozenza amasalela, iimbacu zibe sisizwe esomeleleyo, uNdikhoyo abalawule kwintaba iZiyon kusukela ngaloo mini kuse ephakadeni.

[8]Ke wena, nqaba yemboniselo yomhlambi, wena nduli, ntombindini eyiZiyon, wowubuyiselwa umbuso wamandulo; ewe, ubukhosi bobuyiselwa kwintombi eyiJerusalem.”

[9] Agora, por que gritas em desespero? Porventura não tens rei? O teu conselheiro morreu, para que estejas sofrendo como uma mulher com dores de parto?

[10] Ó filha de Sião, sofre, pois, agora, as tuas dores e te contorces em agonia como uma mulher em trabalho de parto, porquanto é chegado o momento que terás de partir e deixar a segurança dos teus muros para habitar em campo aberto, e irás para a Babilônia. Contudo, ali conhecerás a liberdade; ali Yahweh te salvará da mão de todos os inimigos!

[11] Agora muitas nações se reúnem contra ti e exclamam: "Que ela seja profanada, e os nossos olhos tenham a satisfação de contemplar tudo isso!"

[12] Mas as nações pagãs não conhecem o pensamento de Yahweh; não entendem a machashabah: planos e desenhos, daquele que ajunta como feixes para a eira!

[13] Portanto, ó filha, cidade, de Sião, ergue-te e debulha, porque Eu mesmo te darei poder mediante chifres de ferro e cascos de bronze para despedaçar diversas nações!" E eis que consagrarás a Yahweh, ao Adonai, Soberano de toda a terra, as riquezas que essas nações conquistaram de forma ilícita e violenta.

Miqueias 5

[1] Agora, pois, reúne as tuas tropas, ó cidade das tropas; e fortifica teus muros, ó cidade murada; porquanto já há um cerco contra nós. O líder de Israel será ferido na face, com uma vara!

[9]Ngani ke ukuba ubhomboloze? Ngaba akunaye ukumkani? Ngaba akusenalo na iphakathi, sowupena-pena nje ngoku ngathi ngumfazi efunyenwe yinimba?

[10]Pinyalaza uncwine, ntombindini eyiZiyon, ube ngathi ngumfazi mhla ngenimba, kuba uyaphuma ngoku kwesi sixeko. Uza kuhlala empenge-mpengeni. Uza kuya kwelaseBhabheli apho uya kuhlangulwa khona. Uya kukhululwa nguNdikhoyo khona, akukhuphe esandleni seentshaba zakho.

[11]Ngoku ke zininzi izizwe ezihlanganisene ngawe. Zithi: "Ewe, mayixabheleke iZiyon, amehlo ethu akubone oko."

[12]Kodwa ke bona abazazi iingcinga zikaNdikhoyo, necebo lakhe abaliqondi. Yena ubaqokelela njengezithungu ingqolowa xa isiya kubhulwa.

[13]"Vuka kaloku ubhule, ntombindini iyiZiyon! Ndokunika iimpondo ezingathi yintsimbi, ube neempuphu ezinjengobhedu, izizwe ezininzi uzinyhashe zibe ziintsali, uze loo ngeniso yazo yobutshijolo uyinikele ibe yekaNdikhoyo, ubutyebi bazo buye kwiNkosi yehlabathi lonke."

UMika 5

Umlawuli oya kuphuma eBhetelehem

[1]Hlanganisa umkhosi, wena sixeko sihlaselwayo! Kaloku thina basingqingile. Ke yena umlawuli kaSirayeli baya kumbetha ngentonga esidleleni.

Predição do nascimento do Messias e da instituição do seu Reino

2 “No entanto tu, Bete-Lechem, Belém, Casa do Pão; Ephrathah, Efratá, Frutífera, embora pequena demais para figurar entre os milhares de Judá, sairá de ti para mim aquele que será o governante sobre todo Israel, cujas origens são desde os dias da eternidade!”

3 Por este motivo os israelitas ficarão abandonados sob o domínio do inimigo até ao tempo em que aquela que está em dores de parto tiver dado à luz; quando então o restante dos irmãos do governante voltará para unir-se aos israelitas.

4 Ele se estabelecerá e os pastoreará no poder de Yahweh, na majestade do Nome do SENHOR, o seu Elohim, Deus! E eles viverão em paz e segurança, pois a grandeza dele alcançará os confins da terra.

5 Ele será, pois, o nosso Shalom, Paz e Prosperidade! E quando a Assíria invadir nossa terra e atacar nossos palácios, levantaremos contra ela sete pastores e oito líderes escolhidos!

6 Eis que eles governarão a Assíria mediante a espada, e a terra de Ninrode dentro de seus portões. Assim eles nos livrarão da Assíria, quando esta invadir nossa terra e adentrar o nosso território pelas fronteiras.

7 O remanescente de Jacó estará no meio de muitos povos como o orvalho das manhãs que vem de Yahweh, como a chuva sobre a relva; não depositará sua confiança no homem nem dependerá dos seres humanos.

2“Kambe ke nawe, Bhetelehem yase-Efrata, udeleke unjalo kwizindlu zakwaJuda, kanti ke kwalapha kuwe ndiza kuvelisa lowo uya kuba ngumlawuli kaSirayeli, omveli yakhe isukela kwamandulo, kwimihla yasephakadeni.”

3Ke uSirayeli yena uya kulahlwa ade ke lowo ulunywayo abeleke, ke bona abantakwabo babuye beze bazibandakanye namaSirayeli.

4Uya kumiselwa ukwalusa umhlambi, enamandla kaNdikhoyo, enobungangamsha begama likaNdikhoyo uThixo wakhe. Ewe, bona bohlala bekhuselekile kuba kaloku ubungangalala bakhe bofikelela nakwiziphelo zehlabathi.

5Kaloku yena uya kuzisa uxolo.

Ukuhlangulwa nokutshatyalaliswa

Xa ama-Asiriya elihlasela ilizwe lethu, egaleleka kwiinqaba zethu, sowakhuphela isixhenxe sabelusi – hayi, yoba sisibhozo samatshawe.

6Ilizwe laseAsiriya aya kulilawula ngekrele, elakwaNimrode alilawule ngamakrele angxashiweyo. Yena uya kusihlangula kuma-Asiriya xa wona ehlasela ilizwe lethu, xa wona engqisha kwimida yethu.

7Amasalela kaYakobi oba phakathi kwezizwe ezininzi; oku kombethe ovela kuNdikhoyo, oku komvimbi engceni; kaloku wona awujongi mntu, wona awubalindi oonyana babantu.

[8] O remanescente de Jacó também estará entre as nações, no meio de muitos povos, como um leão entre os animais da floresta, como um leão forte entre rebanhos de ovelhas, leão que, quando ataca, destroça e mutila a presa, sem que ninguém a possa livrar.

[8]Amasalela kaYakobi oba phakathi kweentlanga – ewe, wona aya kuhlala phakathi kwezizwe ezininzi – oku kwengonyama phakathi kwamarhamncwa ehlathini, oku kwethole lengonyama phakathi kwemihlambi yeegusha – nditsho elihamba linyhasha, liqwenga-qwenga kungekho mhlanguli.

[9] Eis que a tua mão será exaltada sobre teus adversários, e todos os teus inimigos serão exterminados.

[9]Isandla sakho siya kuboyisa ababandezeli bakho, uzitshabalalise zonke iintshaba zakho.

[10] Então garante Yahweh: "Naquele Dia, exterminarei do meio de ti os teus cavalos de guerra e todos os teus carros militares;

[10]Umlomo kaNdikhoyo uthi: "Ngaloo mini ndowatshabalalisa amahashe akho, neenqwelo zakho ndizifohloze.

[11] destruirei as cidades da tua terra e derrubarei todas as tuas fortalezas.

[11]Ndiya kuzivuthulula izixeko zelizwe lakho, ke zona iinqaba ndizibhodloze.

[12] Extirparei toda feitiçaria e idolatria da tua mão, e não farás nem seguirás mais quaisquer adivinhações.

[12]Ndiya kuziphuthisa izixhobo zemilingo ezisesandleni sakho, ungabi saba nabo abantu abavumisayo.

[13] Destruirei todas as tuas imagens esculpidas e as tuas colunas idólatras; e não mais vos curvareis em sinal de culto e adoração diante de obras feitas por tuas próprias mãos.

[13]Ndoyitshabalalisa imifanekiso eqingqiweyo neentsika zonqulo eziphakathi kwenu. Akuyi kuba saguqa kumsebenzi wezandla zakho.

[14] Arrancarei do meio de ti os teus postes sagrados, e derrubarei todos os vossos ídolos e cidades idólatras.

[14]Ndozincothula neentsika zika-Ashera phakathi kwenu; izixeko zakho zona ndizibhodloze.

[15] Com toda a ira do meu zelo e indignação me vingarei das nações pagãs que não me obedeceram!"

[15]Ndiya kuziphindezela ndinomsindo nengqumbo kwezo zizwe zingandithobelanga."

Miqueias 6

A contenda do Senhor com o seu povo. As maldades de Israel. Deus não terá compaixão

[1] Agora, pois, ouvi com atenção a Palavra de Yahweh: "Põe-te em pé e defende a tua causa perante os montes. E as montanhas ouçam a tua voz!

UMika 6

UNdikhoyo umangalela amaSirayeli

[1]Phulaphulani oko uNdikhoyo akuthethayo: "Phakama uxoxe, zive neentaba; neenduli mazilive ilizwi lakho.

[2] Ó montes, e vós, fundamentos perpétuos da terra, ouvi a acusação de Yahweh; porque o SENHOR tem uma grave questão para resolver com o seu povo e entrará em juízo contra Israel.
[3] Ó meu povo, dize-me claramente: Que é que te fiz de mal? Em que te ofendi? Responde-me!

[4] Ora, eu te livrei da terra do Egito e te resgatei da casa da escravidão; e enviei Moisés, Arão e Miriã adiante de ti.

[5] Meu povo querido, lembra-te do que Balaque, rei de Moabe, pediu e do que Balaão, filho de Beor, respondeu! Relembra a viagem que fizeste desde Sitim até Gilgal, e reconhece que todas as atitudes de Yahweh são justas!"

[6] Sendo assim, com que eu devo me apresentar diante do SENHOR e como me curvarei perante Elohim, Deus exaltado? Deveria eu oferecer holocaustos, sacrifícios queimados, de bezerros de um ano?
[7] Yahweh se agradaria com milhares de carneiros, com dez mil ribeiros de azeite? Devo oferecer meu primogênito, meu filho mais velho, fruto do meu corpo, como sacrifício para pagar os meus pecados e as minhas malignidades?
[8] Ó ser humano! Ele já te revelou o que é bom; e o que Yahweh exige de ti senão apenas que pratiques a justiça, ames a misericórdia e a lealdade, e andes humildemente na companhia do teu Deus!
[9] Eis que a voz de Yahweh está clamando à cidade; e todo aquele que for sábio temerá o

[2]Kuveni ukubambana kukaNdikhoyo, zintaba. Phulaphulani, ziseko ezingatshitshiyo zehlabathi. UNdikhoyo ubabeka ityala abantu bakhe; ewe, ubeka isityholo kuSirayeli.
[3]"Ngaba ndinenze ntoni, bantu bam? Kodwa-kodwa ndinidinise ngantoni? Hayi kaloku, ndiphenduleni!
[4]Andithi ndanikhupha kwelaseJiputa; ndanikhulula kwilizwe lobukhoboka; ndaninika uMosis ukuba anikhokele, enoAron noMiriyam?
[5]Bantu bam, senikulibele na ukucetyiswa kukaBhalaki ukumkani waseMowabhi? Aniyikhumbuli na impendulo kaBhalam unyana kaBhehore? Zona izigigaba zaseShitim naseGiligali? Yiqiqeni imisebenzi elungileyo kaNdikhoyo."

Oko uNdikhoyo akufunayo emntwini

[6]Ndoya nantoni kodwa phambi koNdikhoyo? Ndokhahlela ndinantoni kuThixo uPhezukonke? Ngaba ndoya namadini atshiswayo, ndiye namathole anyaka mnye?
[7]Ngaba uNdikhoyo wokholiswa na ngamawaka-waka eenkunzi zeegusha, nangawo amawaka alishumi emilambo yamafutha omnquma? Ubugwenxa bam ndingabungxengxezela na ngezibulo lam, isono sam ngesiqhamo somzimba wam?
[8]Ukuxelelwe, mntundini, oko kulungileyo – nditsho oko uNdikhoyo akufunayo kuwe: kukwenza ngobulungisa, uthande ububele, uhambe ngokuthobileyo kunye noThixo wakho.
[9]UNdikhoyo ubhekisa ilizwi lakhe esixekweni. Bubulumko ukuthobela igama

seu Nome! Escutai, pois, ó tribo de Judá e suas assembleias!

10 Porventura ainda há tesouros de malignidade na casa do ímpio? E o efa, o padrão de medir, falsificado, que é maldito?

11 Poderia eu inocentar aquele que tem balanças adulteradas e fraudulentas, e uma bolsa de pesos enganosos?

12 Pois os ricos que vivem entre vós na cidade estão cheios de violência; o seu povo é mentiroso, e as suas línguas só falam enganos!

13 Portanto, Eu mesmo haverei de te enfraquecer, te ferindo e arruinando por causa dos teus muitos pecados.

14 Tu comerás, mas não te saciarás, e continuamente estarás com fome; acumularás os teus bens, mas nada conseguirás poupar, Eu te entregarei à espada.

15 Tu semearás, mas não colherás; pisarás a azeitona, mas não te ungirás de azeite; pisarás as uvas, mas não beberás o vinho.

16 Porquanto tendes obedecido aos decretos do rei Onri, e todas as práticas malignas da família de Acabe, e tens seguido as tradições deles. Por tudo isso vos entregarei à destruição, e o seu povo ao desprezo e humilhação; sofrerás o escárnio das nações!"

Miqueias 7

1 Ah! Que infelicidade a minha! Sou como um homem faminto que depois da colheita de verão procura figos nas figueiras e uvas

lakhe. Yigqaleni intonga yakhe nalowo wayimiselayo.

10"Soze ndibulibale, ndlundini yenkohlakalo, ubutyebi obuzuze ngobuqhophololo. Ziqalekisiwe izilinganiso zakho zobuqhetseba.

11Andimxoleli umntu osikali sinexanasi, osebenzisa amatye okuveyisha anenkohliso.

12Izinhanha zakho zizibhoja, kanti abantu bakho bayaxoka, batsho ngolwimi olukhohlisayo.

13Ngoko ke ndiqalile ukukutshabalalisa; ndokutshitshisa ngenxa yezono zakho.

14Uya kuba ngatya, unganeliseki; isisu sakho sosala sithe nca. Uya kuba ngabeka, kungagcinakali nto; oovimba bakho bochithwa yimfazwe.

15Uya kuba ngalima, tu isivuno. Uya kuwukhama wona umnquma kodwa ungaze ube nawo amafutha. Uya kuyixovula yona idiliya, kodwa soze usele wayini.

16Kaloku ulandele imikhuba kaOmri, uhamba ngezenzo zendlu ka-Ahabhi. Ewe, uthene nca nezithethe zabo. Ngoko ke ndosuka ndikutshabalalise, abantu bakho bona babe yintlekisa. Uya kukuthwala ukungcikivwa kwabantu bam."

UMika 7

Ubugxwayiba bamaSirayeli

1Mawoo! Hayi ubugxwayiba endikubo! Sendifana nokhwahlaza iziqhamo, obhikica esidiliyeni ehlotyeni. Phi ke? Akukho

nas parreiras, todavia não encontra mais nada porque todas as uvas e todos os figos maduros já foram tirados!

nesihloko esi seediliya sokuba nditye! Akusekho neli lolibo ikhiwane!

2 Eis que as pessoas piedosas desapareceram dessas terras; não há pelo menos um justo entre a humanidade; todos os homens estão à espreita, armando ciladas para derramar sangue; cada ser humano caça seu próprio irmão com um laço.

2Akasekho amadoda anyanisekileyo emhlabeni; amadoda athe ngqo suka athi shwaka. Akhoyo alalela ukuphalaza igazi; elowo uzingela umntakwabo ngomnatha.

3 Todos estão com as mãos prontas para praticar o mal. O governo exige suborno e o juiz aceita agrados e presentes; os poderosos impõem o querem sobre a terra. Todos tramam em conjunto!

3Izandla zabo zozibini zinobuchule ekwenzeni ububi. Ooziphathamandla bafunana nezicengo. Abalawuli bathe thwanga kukunyotywa. Izikhulu zifezekisa iminqweno yazo. Ewe, badibene ngokufutha amayelenqe.

4 O melhor entre os meus irmãos é como um espinheiro; o mais justo é pior que uma cerca de espinhos. Ah! Eis que é chegado o dia profetizado pelas suas sentinelas: Peqûddâh, o Dia do castigo de Deus. E, portanto, desde agora reinará a confusão entre eles!

4Noyena ubalaseleyo kubo nqwa nokhula; kunoyena uthembekileyo kubhetele kwabobo. Ngoku igalelekile imini yesohlwayo; yiphaphele oku komlindi. Eli ngoku lixesha lokudideka kwabo.

5 Não confieis nos vizinhos, tampouco acreditais nos amigos. Tende todo cuidado com o que dizeis e partilhais com aquela que te abraça!

5Musa ukuthembela ngommelwane. Hayi, sukubambelela kumhlobo. Ewe ngenene, wabale amazwi akho, nditsho nkqu nakulowo ulele esifubeni sakho.

6 Pois chegou o dia em que o filho despreza o pai, a filha se levanta contra a mãe, a nora se insurge contra a sogra; e os grandes inimigos do homem são os seus próprios familiares!

6Kaloku noonyana bayabadela ooyise; iintombi zivukelana nabo noonina; umolokazana uvukelana nonina-zala; iintshaba zomntu zoba ngabendlu yakhe.

7 Contudo, quando a mim, depositarei toda aminha confiança em Yahweh, o SENHOR; manterei minha esperança em Elohim, Deus: o meu Salvador. O meu Elohim, Deus, ouvirá a minha oração!

7Kambe ke mna ndijonge kuNdikhoyo; ewe, ndikholosa ngoThixo olusindiso lwam. UThixo wam yena uya kundiva.

Ukuphakanyiswa kukaSirayeli

[8] Ó minha inimiga! Não te alegres com a minha desgraça! Embora eu tenha sim, caído, me reerguerei; ainda que eu esteja vivendo em trevas, Yahweh, o SENHOR, haverá de ser a minha'Owr, Luz!

[9] Compreendo que devido ao meu pecado contra Yahweh, devo suportar a sua ira até que ele apresente a minha defesa e estabeleça o meu direito.

[10] Então, minha inimiga, tu haverás de ver tudo isso e ficarás coberta de confusão! Tu que me questionaste: "Onde é que está o SENHOR teu Deus?" Agora serão os meus olhos que a contemplarão a tua queda! Eis que ela será pisada como o barro das ruas.

[11] Eis que o dia de reedificar os meus muros chegará, o dia em que as minhas fronteiras serão ainda ampliadas virá em breve!

[12] Naquele dia virão a ti gente da Assíria e das cidades do Egito, e desde o Egito até o Nâhâr, o Rio, Eufrates; e de mar a mar, e de montanha a montanha.

[13] Mas a terra será entregue à destruição por causa dos seus moradores, devido ao fruto de suas más ações!

[14] Pastoreia, pois, o teu povo com o teu cajado; o rebanho da tua herança que vive à parte numa floresta, em férteis pastagens no Carmelo! Permite-o pastar em Basã e em Gileade, como nos tempos de outrora.

[8]Nina zintshaba, sanukundivuyelela. Nakuba ndiwile nje ndobuya ndivuke. Ndingade ndibe ngathi ndisebumnyameni kodwa yena uNdikhoyo kukukhanya kwam.

[9]Kaloku ndimonile uNdikhoyo. Ngoko ke ndoyithwala ingqumbo yakhe, ade ke abuye andithethelele, abuye andilungisele. Yena wondibeka ekukhanyeni, nditsho ndibubone ubulungisa bakhe.

[10]Notshaba lwam lotsho lubone; luya kwambathiswa lihlazo. Nditsho olo belufudula lusithi kum: "Ude abe phi na lo Ndikhoyo unguThixo wakho?" Ewe, amehlo am aya kukubona ukuwa kwalo, lunyhashwe ngeenyawo okodaka ezitalatweni.

[11]Iyeza imini yokwakhiwa kweendonga zakho. Ngaloo mini iya kwandiswa imida yakho.

[12]Ngaloo mini baya kufika bevela eAsiriya nakwizixeko zaseJiputa, bethabathela eJiputa, bade baye kutsho kumlambo iEfrati, bephuma elwandle, bee xhaxhe ngolunye ulwandle, bethabathela entabeni, baye kuthi gaa ngenye intaba.

[13]Lo mhlaba wona woba yinkangala; ewe, ngenxa yabemi bawo, nangenxa yezinto abazenzileyo.

Uvelwano lukaNdikhoyo

[14]Ewe, Ndikhoyo, baluse abantu bakho; ngaloo ntonga yalusa ilifa lakho, elo ke lizihlalela emahlathini kuloo madlelo mahle kunene. Mabatye eBhashan naseGiliyadi; ewe, mabadle ngendeb' endala.

15 "Sim, como nos dias em que deixaste o Egito, ali Eu te revelarei as minhas maravilhas!"

16 As nações verão tudo isso e se envergonharão, despojadas de toda a sua glória e poder. Colocarão a mão sobre a boca e sobre os ouvidos de tanto pavor.

17 Lamberão o pó da terra como a serpente, como animais que se arrastam pelo chão. Sairão tremendo dos seus esconderijos, e virão à presença de Yahweh, nosso Elohim, Deus, com grande temor e tremor, e tomadas de medo te reverenciarão.

18 Quem é, pois, comparável a ti, ó'Êl, Deus, que perdoas todos os pecados e não mais relembra a transgressão do remanescente da tua herança? Eis que tu não permaneces irado para sempre, pelo contrário, teu prazer eterno é demonstrar o teu amor!

19 De novo terás compaixão de nós; pisarás as nossa malignidades e atirarás todos os nossos pecados nas profundezas do mar!

20 Mostrarás a tua lealdade a Jacó, e teu amor misericordioso a Abraão, conforme assim o prometeste sob juramento aos nossos antepassados, na antiguidade!

15"Njengakwimihla yokuphuma kwenu eJiputa ndobabonisa imimangaliso yam."

16Izizwe zothi zingabona zinyoshoze nakuba bezisakuba namandla. Zosuka ke zibamb' ongezantsi, zithi ti, zivingcek' iindlebe.

17Zosuka zity' uthuli njengeenyoka; zofana nezidalwa ezirhubuluzayo, eziphuma emingxunyeni zingcangcazela. Ziya kunkwantya phambi koNdikhoyo uThixo wakho, zitsho zoyike ngenxa yakho.

18Kodwa nguwuphi uThixo onjengawe? Nguwuphi oxolela ubugwenxa, angazihoyi iziphoso zamasalela elifa lakhe? Wena akuhlali uqumbile ngonaphakade; kaloku uyimvuze-mvuze bububele.

19Nangoku wobuya uvelane nathi, izono zethu uzinyathele ngeenyawo, uzilahle lee iziphoso zethu, uzintywilisele enzulwini yolwandle.

20Wena uya kunyaniseka kuYakobi, uya kubuya ngenceba kuAbraham, njengoko wabhambathisayo ngesifungo koobawo, kudala-dala ngemihla yamandulo.

Naum	UNahum

Naum 1

A justiça e misericórdia de Deus. A destruição de seus inimigos e o livramento do seu povo

1 Palavra de advertência contra Nínive. Sêfer, Livro da visão de Nachûm, Naum, Conforto, natural da cidade de Elkosh,Elcós.

2 Eis que Yahweh é Deus zeloso, ciumento e vingador! Yahweh, o SENHOR, não tolera outros deuses e age como terrível vingador contra toda idolatria. Em seu furor e indignação Yahweh executa sua vingança contra todos os seus adversários!

3 Entretanto, Yahweh demora demais para se irar; é paciente e longânime, mas seu poder é incalculável. Yahweh não deixará impune o culpado! O seu Caminho está no vendaval e na tempestade, e as nuvens são a poeira de seus pés.

4 Ele repreende o mar e o faz secar, e esgota todos os ribeiros; Basã e Carmelo desfalecem, e a flor do Líbano murcha.

5 Os montes tremem assim que ele se aproxima, e as colinas se derretem. A terra se agita na sua presença, o mundo e todos os que nele vivem.

6 Quem pode suportar a sua indignação? E quem subsistirá diante do furor da sua ira? A sua cólera se derrama como fogo, e as rochas são por ele demolidas.

7 Eis que Yahweh, o SENHOR, é bom! Ele é um refúgio em tempos de angústia e aflição! O SENHOR protege todos quantos nele confiam.

UNahum 1

Isingeniso

1Le yincwadi yombono kaNahum wase-Elkoshe. Ludaba olundilisekileyo olumayela neNiniva.

Umsindo kaNdikhoyo ngenxa yeNiniva

2 UNdikhoyo nguThixo onekhwele nophindezelayo. UNdikhoyo ngumbuyekezi; yena ngumalawul' inqumbo. Ewe, uyaziphindezela kwabamchasayo; ingqumbo yakhe ihlala ihleli kwiintshaba zakhe.

3Umsindo kaNdikhoyo uza kade, kodwa ke yena ngumandla-makhulu. Umntu owonileyo akaphuncuki kwisohlwayo sakhe. Indlela yakhe sisivungu-vungu noqhwithela; amafu luthuli lweenyawo zakhe.

4Ulwandle ulukhalimela lome qoko, imilambo itshe ikhotheke. IBhashan neKarmele iyatshaza; iintyatyambo zaseLebhanon ziyeketheke.

5Phambi kwakhe iintaba ziyaqhaqhamba; ke zona iinduli zitsho zinyibilike. Akuvela umhlaba uyarhwaqela, ngokunjalo nehlabathi nabemi balo.

6Ngubani onokumelana nengqumbo yakhe, ingubani onokujongana nomsindo wakhe ovuthayo? Ingqumbo yakhe iphokoka njengomlilo; phambi kwakhe namawa ayaqhaqheka.

7Ewe, uNdikhoyo ulungile: ungumqolomba ngamaxesha eenkathazo; ubakhathalele abo bathembele kuye.

[8] No entanto, mediante uma enchente arrasadora acabará com a grande cidade de Nínive; expulsará todos os seus adversários para as trevas!

[8]Ngeempuphuma ezikhukhulisayo uyayigubungela iNiniva, aye kuzitshonisa ebumnyameni iintshaba zakhe.

[9] Tramais vós contra Yahweh? Pobre de vós; porquanto ele destruirá tudo quanto planejais contra ele com um só golpe. Eis que a tribulação não precisará ocorrer uma segunda vez!

[9]Nimjikeleza ngantoni uNdikhoyo? Wosuka yena anitshabalalise; inkathazo soze iphindelele.

[10] Porquanto ainda que se entrelacem como os espinhos e encharcados de vinho como bêbados, serão inteiramente destruídos como palha seca.

[10]Noba sebebhijeleke okobobo, noba sebemanzi ngokwamanxila, bofana nomququ owomileyo, bovutha baphele kuthi nya.

[11] Foi de ti, ó Nínive, que partiu aquele que trama perversidades, que planeja o mal contra Yahweh!

[11]Apho kuwe kuthe gqi umfo owenzela uNdikhoyo ubugwenxa, umfo ofutha inkohlakalo.

[12] Portanto, assegura Yahweh: “Por mais fortes e numerosos que sejam, ainda assim haverão de ser todos ceifados e exterminados! Contudo, em relação a ti, Judá, embora Eu tenha te açoitado, não mais te afligirei!

[12]Utsho uNdikhoyo ukuthi: “Nangona bomelele beyinyambalala, baya kunqanyulwa bathi shwaka. Nangona ndakubandezelayo, Juda, ngoku andiyi kuphinda.

[13] Agora, pois, quebrarei o jugo que está sobre o teu pescoço, e romperei as tuas correntes.

[13]Idyokhwe yabo ndiza kuyaphula; ewe, ndoyisusa entanyeni yakho, ndiziqhawule iimbophelelo zakho.”

[14] Contra ti, porém, ó rei de Nínive, eis que Yahweh ordenou que não houvesse mais descendência que perpetue teu nome sobre a terra. Exterminarei do templo dos teus deuses todas as imagens idólatras de arte, escultura e fundição; e prepararei o teu sepulcro, porque és maldito!”

[14]UNdikhoyo umisele umyalelo ngawe, Niniva: “Wena akuyi kuba nasizukulwana; igama lakho aliyi kuhlwayeleka. Ndoyitshabalalisa imifanekiso eqingqiweyo netyhidiweyo apho kuloo ndlu yothixo wakho. Sendikumbela ingcwaba, kuba uphuthile.”

[15] Contemplai sobre os montes os pés do que anuncia Bä-sâr’, Boas Novas, e proclama Shalom, Paz! Ó Judá, celebra as tuas festas, cumpre os teus votos, porquanto nunca mais

[15]Khawukhangele phaya ezintabeni; nazo iinyawo zalowo uzisa iindaba ezimnandi, lowo uvakalisa uxolo. Xhamlani imibhiyozo yenu, maJuda; zifezekiseni izibhambathiso zenu. Anisayi kuphinda nihlaselwe

o ímpio te invadirá; eis que ele será absolutamente destruído!

Naum 2

O cerco e tomada de Nínive

[1] Eis que o destruidor já avança contra ti, ó Nínive! Guarda a fortaleza! Vigia a estrada! Fortalece a resistência! Reúne todas as tuas forças!

[2] Porquanto Yahweh restaurará o esplendor de Jacó; fará voltar a glória de Israel, ainda que os saqueadores tenham devastado e destruído as tuas videiras.

[3] Os escudos e os uniformes dos teus valorosos militares são vermelhos! Os teus carros de guerra reluzem quando se alinham para a batalha, agitam-se as lanças de pinho.
[4] Os carros de guerra percorrem as ruas e se cruzam velozmente pelos quarteirões. Parecem tochas de fogo e se arremessam como relâmpagos.
[5] As tropas de elite são convocadas, no entanto, elas chegam tropeçando; correm para a muralha da cidade para formar a linha de defesa.
[6] As comportas dos rios são abertas, e todo o palácio é destruído.
[7] Assim, está decretado: ela está desprotegida e será levada cativa; e as suas jovens servas gemem como o arrulhar das pombas, batendo no peito, em desespero.
[8] Nínive é como um açude antigo; um enorme tanque de água que agora está vazando. E eles gritam: “Parai! Parai!”, mas ninguém sequer olha para trás.

sisikhohlakali; sona sitshatyalaliswe kwaphela.

UNahum 2

Ukuwa kweNiniva

[1]Nanko umchitha-chithi esiza, Niniva! Khusela inqaba yakho! Nendlela mayihlale yalusiwe. Xhoba uhlale ugcisile. Yomelela uzimisele kangangoko!

[2] UNdikhoyo uyasibuyisa isidima sikaYakobi; ewe, uyasibuyisa isidima sikaSirayeli, nakuba iintshaba zambhukuqayo, zatshabalalisa nesidiliya sembala.

[3]Amakhaka amajoni akhe abomvu; ziinto ezivathe ngezimsobo. Iinqwelo zawo ziyamenyezela mhla sekusithiwa lifile; alekuza ngemikhonto.

[4]Nazo iinqwelo zigaleleka ezintilini, zibetha zibuyelela emathafeni, zimenyeza ngathi zizibane, ziqhwanyaza ngathi yimibane.

[5]Izinxiba-mxhaka ziyabizwa; zihamba zigxalathelana. Nazo zigaleleka kudonga lwesixeko; ewe, zitwabulula ikhaka lokuzikhusela.

[6]Gengelele – avulwa amasango omlambo! Hi-i-i – lawa ibhothwe!

[7]Kumiselwe ukuthinjwa kweNiniva; izicaka zayo nazo zililisela. Zitsho ngozungu ngathi ngamahobe, zibek' izandl' entloko.

[8]INiniva suka yanjengechibi elimanzi atyhobozayo. Bathi: “Kahleni, kahleni!” kodwa abanyeki nokunyeka.

[9] Sequestrai toda a prata, saqueai todo o ouro! Seus tesouros não têm fim; está cheia de tudo que é valioso.
[10] Ela está saqueada, esgotada e completamente devastada; derrete-se o coração, tremem os joelhos, o corpo está tomado pela dor; o rosto de todos eles empalidece.
[11] Onde está agora a toca dos leões? O lugar em que alimentavam seus filhotes, onde se abrigavam o leão, a leoa e os leõezinhos, sem nada temer?
[12] Onde está o leão que caçava com fartura para alimentar seus filhotes, estrangulava grandes animais para suas leoas, enchia as suas covas de presas e as suas tocas com as suas vítimas?
[13] “Eis que me coloco contra ti”, afirma Yahweh, o SENHOR dos Exércitos; “queimarei os teus carros de guerra no grande incêndio da batalha, e a espada devorará os teus leões fortes; e exterminarei da terra a tua presa; e não se ouvirá mais a voz dos teus embaixadores!”

Naum 3

Os delitos de Nínive. A sua ruína inevitável

[1] Ai da grande e sanguinária cidade, toda cheia de engano, mentiras, roubos e crimes; que abocanha a sua presa e não a solta mais!

[2] Eis o estalo dos açoites ecoando por toda a terra, o barulho assustador das rodas, o galope dos cavalos de batalha, e o sacudir dos carros militares!
[3] Cavaleiros que esporeiam, a espada flamejante, o relampear das lanças e a multidão dos traspassados, um mar de

[9]Nantso isiliva, zithathele. Zenzele, nantso negolide. Hayi, asipheli esi sitha; ubutyebi yimfumba koovimba.
[10]Bayivuthulule bayithimba bayibhodloza. Waphukile umoya wabantu; suka bangenelwa yingevane; ewe, babanjwe kukungcangcazela, ubuso butsho bambatsha.
[11]Iphi ke indlu yengonyama? Siphi isikhundla apho ebesondlelwa khona amathole, apho bezihamba khona iinkunzi neemazi namathole, zingaphazanyiswa nto?
[12]Ingonyama iwazingelele amthole ayo, oogxa bayo yabaqwengela amaxhoba; imingxuma yayo iyizalise ngenyama, isikhundla sayo siphuphuma okuqwengiweyo.
[13]Nanku umlomo kaNdikhoyo onamandla onke: “Uyabona, ndikuchasile. Iinqwelo zakho zokulwa ndozifaka umlilo; iingonyama zakho eziselula zodliwa likrele. Ndoliphelisa ehlabathini ixhoba lakho; ilizwi lezigidimi zakho soze libuye livakale.”

UNahum 3

Ukutshatyalaliswa kweNiniva

[1]Mawoo, sixekondini samagazi, ntondini ephuphuma ubuxoki, into emaxhoba maninzi kunene, ekuxhaphaza kungenalo nekhefu!

[2]Naso sihlwahlwaz' isabhokhwe, atsho akraxalaza namavili. Ewe, ayagqabadul' amahashe; zigoqoza ngamandla iinqwelo.

[3]Umkhosi wabamahashe ugalelekile, utsho ngaloo makrele akhazimlayo. Hayi ukumenyezela kwemikhonto! Ewe, kujub'

cadáveres, mortos sem fim; pessoas feridas tropeçando sobre gente e mais gente morta.

[4] E tudo isso por quê? Por causa da grande prostituição da bela e encantadora meretriz, da mestra das feitiçarias, que vendia os povos mediante sua sedução e lábios fraudulentos, e assim escravizou nações.

[5] "Por tudo isso, eis que Eu me posiciono contra ti!" Afirma Yahweh, o SENHOR dos Exércitos; "vou erguer o teu vestido até a altura do teu rosto, a fim de expor às nações a vergonha da tua nudez, e te humilhar diante dos reinos da terra!

[6] Eu mesmo lançarei sobre ti imundícias, te tratarei com total ignomínia; e farei de ti um espetáculo, um exemplo para todos.

[7] Todos os que te virem fugirão exclamando: 'Ah! Nínive está arrasada! Quem terá compaixão dela?' E de onde trarei consoladores para ti?"

[8] Por acaso és melhor que No Amon, cidade do deus Amon,Tebas, que vivia à beira do Nilo, cercada de belas águas, tendo o mar como defesa e suas águas como muralhas?

[9] Cush, a poderosa Etiópia, e o Egito formavam sua fonte inesgotável de força; Pute e a Líbia estavam entre os seus aliados.

[10] Contudo, a grande cidade foi sequestrada, foi tomada e levada para o cativeiro; todas as suas crianças também foram esquartejadas. Lançaram sortes para decidir o destino dos seus nobres; todos aqueles que até então eram poderosos, foram acorrentados como animais.

ugodo ngapha nangapha. Hayi, akuzidumbu zibelekene! Yinyambalala imizimba yabafi; uba ngahamba ukhubeka kuyo.

[4]Yonke loo nto kukuphum' izandla kobuhenyu behenyukazi elinombizane, igcisa lemilingo elazikhobozayo izizwe, ngobuthi balo lazichan' iintlanga.

[5]Nanku umlomo kaNdikhoyo onamandla onke: "Ndichasene nawe, Niniva! Ndokuhluba izambatho zakho ziye kufika ebusweni, iintlanga ndizivezele ubuze bakho, izikumkani zilibone ihlazo lakho.

[6]Ndiza kukubhaxeka ngobunyhuku-nyhuku, Ewe, ndokuphatha ngolunya, ndikutsho ube sisigculelo.

[7]Abakubonayo bongcachela phaya, besithi: 'Kaloku iNiniva seyingamabhodlo. Yaz'ba ingalilelwa ngubani na? Ndingambhaqa phi onokukuthuthuzela?' "

[8]Ngaba wena ungcono kuneNo-amon eyayimi phezu kweNayile, leyo yayijikelezwe ngamanzi afana nolwandle olulixhadi layo, manzi lawo aludonga lwayo?

[9]Amandlakazi ayo inguKushe noJiputa, intong' esekhosi inguPuti noLibhiya.

[10]Nakuba kunjalo yathinjwa, bahamba baya kutshona ebukhobokeni, ke bona oozimveku yaba ziziqwenga; ube ngajikela kule kona ibe zizo. Izikhulu zaqashwa oku kwenyama, amadoda azivayo suka akhonkxwa.

[11] Tu, de igual modo, serás embriagada; ficarás em oculto a fim de buscar algum refúgio e fugir do inimigo.

[12] Todas as tuas fortalezas serão como figueiras com figos novos; quando sacudidos, caem na boca faminta.

[13] Observa bem as tuas tropas: pobres, não passam de mulheres! Os teus portões estão escancarados para os teus inimigos; o fogo devorou as tuas trancas e fechaduras.

[14] Tira água para o tempo de sequidão do cerco militar! Reforça as tuas fortalezas; entra na lama, amassa o barro, pega a forma para fazer tijolos!

[15] Eis que o fogo te consumirá ali; e o fio da espada haverá de te exterminar; a espada te devorará como o gafanhoto devastador. Multiplica-te como os gafanhotos devastadores, multiplica-te como os gafanhotos migradores!

[16] Multiplicaste teus comerciantes mais do que as estrelas do céu; o gafanhoto devastador estende as asas e sai voando.

[17] Teus príncipes são como os gafanhotos migradores, e teus oficiais e soldados, como exames de outros gafanhotos que se acampam junto às muralhas nos dias de frio; quando chega o sol, voam, sem que ninguém saiba para onde foram.

[18] Ó rei da Assíria, teus governantes adormecem; teus nobres repousam, teu povo está espalhado pelos montes, sem que ninguém os pastoreie e ajunte.

[19] Não há cura para a tua chaga; a tua ferida é de morte! Todos os que forem informados sobre o que aconteceu contigo haverão de

[11]Nawe kambe uza kushusha, uzame ukuzimela, ufune ukuzikhusela ezintshabeni zakho.

[12]Iinqaba zakho zofana nemikhiwane; nditsho leyo ilulibo luvuthiweyo. Umthi lowo uthi ungashukunyiswa amakhiwane adibane nokutyiwa.

[13]Khawujonge imikhosi yakho! Awu, bafazi bakwabani! Amasango elizwe lakho avulwe gabalala; usesichengeni seentshaba zakho; imivalo ilenywe ngumlilo.

[14]Zikhelele amanzi – ilizwe lifile! Khawuzomeleze iinqaba zakho; ewe, xonkxa udongwe, uxovule udaka, wenze izitena ezomeleleyo.

[15]Wokutshisela apho umlilo, ikrele likungqengqise phantsi. Lokugeqa ngathi ziinkumbi, noba unganda njengeentothoviyane, unyakazele njengeentethe.

[16]Abarhwebi bakho bandile; bangaphezu kwazo neenkwenkwezi. Njengeenkumbi banqunqa konke, bemke.

[17]Abalindi bakho nqwa neenkumbi; amagosa akho anjengebubu leentethe elihlala eludongeni mhla ngengqele, kwakuvela ilanga lisabe, lingaze laziwe mntu.

[18]Ke wena, kumkani waseAsiriya, abelusi bakho bona balele, izikhulu zakho zilel' obentlombe. Abantu bakho bathe saa ezintabeni; ewe, abanaye namqokeleli.

[19]Uduma lwakho alunakunyangeka; awenzakalanga ungxwelerhekile! Abazivayo iindaba zokuwa kwakho basuka baqhwabe

aplaudir a tua queda; pois, quem não tem sofrido por causa da tua malignidade e crueldade sem limites?

izandla. Ngubani ongayingcamlanga inkohlakalo yakho engenasiphelo?

Habacuque	UHabhakuki

Habacuque 1

A iniquidade de Judá e seu castigo pelas mãos dos caldeus. A intercessão do profeta

1 Oráculo revelado ao profeta Habacuque, Chäbaqqûq, nome babilônico que significa Abraçar o Entendimento.

2 Questiona o profeta: Ó Yahweh, até quando clamarei por tua ajuda sem que tu me dês ouvidos? Até quando protestarei diante de ti: "Violência!" sem que tragas alguma salvação?

3 Por que me fazes contemplar a injustiça de observar com clareza toda a maldade de campeia nessa terra? A destruição e a violência estão diante de mim; também há todo o tipo de contendas, discórdias, e o litígio é comum.

4 Por este motivo a lei e o direito se enfraquecem e a justiça nunca prevalece. Os ímpios prejudicam e extorquem os justos, e assim a justiça é pervertida!

5 "Então contemplai as nações, e atentai: maravilhai-vos; porquanto eis que realizo em vossos dias uma obra de tal magnitude que não conseguiríeis acreditar se tudo isso, simplesmente, lhes fosse contado!

6 Eis que estou conduzindo os babilônios, essa nação cruel, impetuosa e violenta, que marcha sobre a largura da terra a fim de se apoderar de habitações que não lhes pertencem.

7 É, pois, uma nação apavorante e temível, que faz justiça com as próprias mãos, e todo o seu juízo e leis vêm dela mesma.

UHabhakuki 1

Isingeniso

1 Nalu udaba olundilisekileyo olwatyhilelwa umshumayeli uHabhakuki.

Isikhalazo sikaHabhakuki

2 Koda kube nini na, Ndikhoyo, ndidanduluka ndisithi: "Nceda!" ube wena uthe cwaka? Koda kube nini na ndizibika kuwe ndisithi: "Ugonyamelo!" ube wena ungahlanguli?

3 Yini na ukuba undibonise inkohlakalo? Ngani ukuba ujongane nobugwenxa? Naku sendiphahlwe yimbubho nogonyamelo; imbambano nesidube-dube zixananazile.

4 Okwakungumthetho sekuyingxwelerha; ke bona ubulungisa abuvakali ndawo. Izikhohlakali zidobelel' amalungisa; ke bona ubulungisa buyagqwethwa.

Impendulo kaNdikhoyo

5 "Khanizikhangele izizwe nibukele: ewe, nosuka nikhwankqiswe, kuba kuyo le mihla yenu ndiza kwenza isimanga, into eningasoze niyikholelwe noba ningade niyibaliselwe.

6 Kaloku ndiza kuvusa amaKaledi, uhlanga olugenalusini noluzizityhuthu-tyhuthu, izinto ezilityhutyha ngobubanzi balo ilizwe, zithimbe imizi engeyoyazo.

7 Hayi kambe ukoyikeka kweso sizwe! Zizinto ezenza unothanda; ewe, aphuhlisa isidima sawo.

[8] Os seus cavalos de guerra são mais rápidos que leopardos, e mais ariscos e ligeiros que lobos ao pôr-do-sol; os seus cavaleiros espalham-se por toda parte; eles vêm de muito longe; voam como a águia faminta que se apressa em devorar.

[8]Ziintw' ezimahashe ashiy' ihlosi; oyikeka ngaphezu kweengcuka zamarhatya. Iinkweli-mahashe zawo zifunz' emsini; ewe, ngabafo abaphuma ekudeni. Ziintw' ezirhiwula ngathi lukhozi,

[9] Eles todos vêm determinados a massacrar. Suas hordas avançam como o vento do deserto, fazendo tantos prisioneiros como a areia da praia.

[9]zifike zizele lugonyamelo; izinto ezizilahlela mpela kwinjongo yazo, ziqokelel' intimbo ngathi yintlabathi.

[10] Desprezam o poder dos reis, e se escarnecem de todos os governantes. Riem diante de qualquer cidade fortificada, pois costumam construir rampas de terra e por meio delas invadem todas as fortalezas.

[10]Iikumkani ahlekisa ngazo; bona abalawuli ayabagcolodela. Ke zona iinqaba awazazele nto; enza iinduli zokuhlasela azithimbe.

[11] Então passam com o ímpeto de uma ventania e seguem adiante; eles, porém, são homens carregados de culpa e condenação, porquanto têm como deus a sua própria arrogância e força!”

[11]Asisitshu esigqotsa njengomoya; ngoonomatyala abanqula amandla abo.”

UHabhakuki uyakhala kwakhona

[12] Ó Yahweh meu Elohim, Deus, meu Kâdôsh, Santo! Porventura não existes desde a eternidade? Tu jamais morrerás e nós te seguiremos! Mas, SENHOR, tu designaste justamente essa nação pagã para executar o teu juízo? Ó Tsûr, Rocha de Refúgio; tu decidiste estabelecer este povo para aplicar o castigo.

[12]Akunguye na owamandulo, Ndikhoyo, Thixo wam, wena Yedwa wam? Ke thina asiyi kufa. Ndikhoyo, amaKaledi uwamisele ukuze usigwebe ngawo; Ngxondorha yam, wena uwabekele ukusohlwaya ngawo.

[13] Tu, cujos olhos são puros e imaculados, que não suportam ver o mal; que não podes tolerar a malignidade. Então, por que tens paciência com os perversos? Por que ficas em silêncio enquanto os ímpios devoram os que são mais justos que eles?

[13]Kaloku amehlo akho amsulwa, akangede ajongane nobubi, ungenako nokunyamezela ubugwenxa. Ngani ukuba ubabukele abakreqi? Kutheni wathi cwaka xa kunje, xa izikhohlakali ziginya abantu abangamalungisa kunazo?

14 Tornaste os homens como peixes do mar, como animais que não têm bom senso e a ninguém devem satisfação?
15 O inimigo simplesmente os pega com anzóis, apanha a todos com sua rede e nela os arrasta para onde deseja; então comemora e exulta.
16 Por este motivo ele oferece sacrifício à sua própria rede e queima incenso em sua honra, pois, rende graças à sua rede; vive em grande conforto e segurança, e ainda desfruta de boa e farta comida.
17 Contudo, continuará ele esvaziando a sua rede, e destruindo sem piedade as nações?

Habacuque 2

Os caldeus serão castigados a seu turno

1 Sendo assim, eu me colocarei, como sentinela, sobre minha torre de vigia; tomarei posição sobre a muralha; aguardarei para ver o que Yahweh, o SENHOR, me dirá e que resposta receberei aos meus questionamentos!
2 Então Yahweh me respondeu e ordenou: “Escreve a visão com toda a clareza possível em grandes tábuas, para que até o mensageiro que passa correndo a leia.
3 Porquanto esta visão se cumprirá num tempo determinado no futuro; é uma visão que fala do fim, e não falhará! Ainda que demore, aguarde-a confiante; porque ela certamente virá e não se retardará.
4 Escreve, pois: Eis que o ímpio está cada vez mais arrogante; suas vontades não visam o bem; mas o justo viverá pela sua fé.
5 Em verdade, a riqueza e os prazeres são traiçoeiros; o ímpio é muito soberbo e

14Kutheni abantu ubafanisa neentlanzi? Ngani kuwe babe njengezinambuzane ezingenamlawuli?
15Kaloku xa bebonke amaKaledi abatsala ngehaki; ewe, ababambisa ngomnatha. Nango ebaqokelela ebarhuqa, nto leyo iwavuyisa ngochulumacho.
16Loo mnatha ke awenzela amadini, umnatha otsalwayo awenzele isiqhumiso. Kaloku ethe gcobho nje, ngulo mnatha; ngenxa yawo atya ooni nooni.
17Ngaba ohlala eqongqotha umnatha, etshabalalisa izizwe engenalusini?

UHabhakuki 2

UNdikhoyo uphendula uHabhakuki

1Ndophuma ndime emboniselweni yam, ndothi ngxishi phaya enqabeni, ndibonisele ndive oko akuthethayo kum, nempendulo yakhe kwisimangalo sam.
2 UNdikhoyo undiphendule esithi: “Wubhale lo mbono – wukrole ngokucacileyo emacwecweni, ube nokufundwa nangogqitha ebaleka.
3Lo mbono ubhekiselele kwixesha elimisiweyo, kwaye uxhinele ixesha lesiphelo, ibe ke awuyi kuphosisa. Noba ngathi uyalibazisa, wulindele; ewe, uya kufika ngokuqinisekileyo ungenakuthintelwa nto.
4“Uyabona, lowo ukhukhumeleyo unentliziyo embi enxaxhileyo; ke yena olilungisa wophila ngokuthembeka kwakhe.
5Yona iwayini iyakhohlisa; umntu imenza azidle angazinzi. Sisinyolu-nyolu

jamais encontra descanso. Seu desejo impetuoso é como o próprio Sheol, a morte, nunca se satisfaz; apanha para si todas as nações e ajunta para seu domínio todos os povos.

esikhamise njengengcwaba, nqwa nokufa soze ahluthe, nokuba uzihlanganisela kuye zonke iintlanga, azibuthele kuye izizwe zonke.

[6] Contudo, chegará o dia em que todos estes povos zombarão do ímpio com canções e provérbios de escárnio, e dirão: 'Ai daquele que acumula o que não é seu! Ai daquele que se enche de bens saqueados! Até quando será assim?

[6]"Abazi kuphoxisa ngaye kodwa, bahlekise ngaye bemenza isigculelo, besithi: 'Mawoo ke, maqokelel' okungekuko okwakho, wena ozityebisa ngokuphanga impahla ekubanjiswe ngayo! Yaz'ba koda kube nini na kunje?'

[7] Não se levantarão de repente os teus credores? Não despertarão os que te farão estremecer de medo? Então servirás de despojo para eles.

[7]Abanamatyala kuwe bosuka bakuvukele ngequbuliso; bokujikela bakutsho ungcangcazele, ibe nguwe kanye lowo uphangwayo.

[8] Visto que despojaste muitas nações, os outros povos igualmente te saquearão. Porquanto derramaste muito sangue, e cometeste todo tipo de violência contra terras, cidades e seus moradores.

[8]Kaloku uxhaphaze izizwe ezininzi; wena ke woxhatshazwa ngamasalela azo. Kaloku uliphalazile igazi lomntu; ewe, uyitshabalisile imihlaba, wabhuq' iidolophu nabemi bazo.

[9] Ai daquele que adquire para a sua casa lucros criminosos, para pôr o seu ninho no alto, a fim de se livrar das garras do mal!

[9]"Mawoo kowakha umzi ngenzuzo yobuqhophololo, ayimise indlu yakhe kwiindawo eziphezulu ukuze asinde nakweyiphi inkxwaleko.

[10] Tramaste a destruição de muitos povos, trazendo vergonha para a tua própria casa e, portanto, pecaste contra ti mesmo.

[10]Uzifuthele imbubho izizwe ezininzi, nkqu nendlu yakho wayigalela ngehlazo, wabeka ubomi bakho esichengeni.

[11] Pois as pedras clamarão da parede, e as vigas replicarão do madeiramento contra ti.

[11]Amatye odonga osuka abhomboloze, imiqadi yophahla ithelele.

[12] Ai daquele que edifica uma cidade com sangue e a estabelece mediante atitudes criminosas!

[12]"Mawoo kowakha isixeko ngokuphalaza igazi, kulowo useka iidolophu ngobugwenxa!

[13] Ora, e também não é da vontade do SENHOR dos Exércitos que os povos trabalhem para o fogo e as nações se afadiguem em vão?

[13]Akatshongo na uNdikhoyo uSomandla ukuthi imigudu yeentlanga lilifa lomlilo? Nezizwe ke zifumana zibulaleka.

[14] Entretanto, assim como as águas cobrem o mar, a terra se encherá do conhecimento da glória de Yahweh, o SENHOR.

[15] Ai daquele que incita o seu próximo a beber, e ainda mistura à bebida a sua malícia e violência, a fim de embebedá-lo e contemplar a sua nudez.

[16] Sendo assim, bebe bastante vergonha, em vez de honra! Sim! Bebe tu também e expõe a tua própria incircuncisão. Eis que a taça da mão direita de Yahweh se chegará a ti, e a vergonha cobrirá completamente a tua glória.

[17] Toda a violência que cometeste contra o Líbano haverá de te alcançar; e ainda ficarás horrorizado por causa da matança que fizeste contra os animais silvestres; e te amedrontarás ainda mais, ao ser confrontado com todo o sangue derramado mediante a violência que desferistes contra as terras, as cidades e todos os seus habitantes.

[18] Ora, qual a utilidade de uma imagem idólatra esculpida por um artífice? Ou uma insignificante divindade de metal que ensina mentiras? Pois aquele que faz tais objetos deposita sua confiança na própria obra de suas mãos; contudo cria ídolos mudos e inúteis.

[19] Ai daquele que diz à madeira: 'Desperta!' Ou ainda à pedra sem vida: 'Acorda!' Poderá, de alguma forma, um ídolo dar alguma orientação? Está coberto de ouro e de prata, mas tal objeto não respira, não há espírito algum dentro dele.

[14]Ke wona umhlaba uya kuphuphuma kukubuqonda ubungangamsha bukaNdikhoyo, okwamanzi agubungele ulwandle.

[15]"Mawoo ububi bomntu oseza ummelwane wakhe, lowo umkhelela utywala kumphanda wakhe, amseze ade ayayatheke kukunxila, aze ke abukele ihlazo lobuze bakhe.

[16]Uya kugutyungelwa lihlazo, ingebubo ubungangamsha. Nawe sela unxile ugxadazele. Iyahamba ibhekile yomgwebo kaNdikhoyo; yofika nakuwe, ubungangamsha bakho bugutyungelwe lihlazo.

[17]Ugonyamelo olwenze eLebhanon lokufikela; uya kunkwantya yimbubho oyenzele izilwanyana. Kaloku uliphalazile igazi labantu; ewe, uyitshabalalisile imihlaba, wabhuq' iidolophu nabemi bazo.

[18]"Unaxabiso lini umfanekiso, into eqingqwe yingcibi? Sinceda ntoni isithixo esifundisa inkohliso? Umenzi waso uqamela ngobuchule, aze enze into engathethiyo.

[19]Mawoo kothi emthini: 'Vuka!' othetha nelitye elifileyo, athi: 'Phakama!' Ungakufundisa ntoni umfanekiso, into etyatyekwa ngegolide nesiliva? Hayi, ayinamphefumlo tu!

[20] Mas Yahweh, sim! Ele está no seu santo Templo; cale-se diante dele toda a terra!”

Habacuque 3

A oração de Habacuque

[1] Então o profeta Habacuque, fez a seguinte oração, em estilo shiggâyônisto, isto é, sob forma de cântico de confissão:

[2] Ó Yahweh, eu ouvi falar da tua fama e tremo diante dos teus atos, SENHOR! Realiza de novo, em nossos dias, as mesmas obras maravilhosas que fizeste no passado; faze-as conhecidas por todos também em nossa época; ainda que estejas irado, lembra-te da tua imensa misericórdia!

[3] ‘Elôah, Deus veio de Temã, e Kâdôsh, o Santo, veio do monte Pâ’rân, Região das Cavernas.

[4] O seu resplendor é como a luz; raios brilhantes saem da sua mão, e o esconderijo da sua força está ali.

[5] As pestes vão adiante dele, e a praga destruidora o segue.

[6] Eis que ele se deteve, e a terra estremeceu; olhou, e fez tremer todas as nações. Montes antigos se desmancharam; colinas firmes desde a antiguidade se desfizeram. Os caminhos dele são eternos!

[7] Contemplei a aflição das tendas de Cushán; tremiam todas as cortinas das tendas de Midiã.

[8] Seria contra os rios que estavas irado, ó Yahweh? Era contra os riachos a tua cólera? Foi contra o mar que o teu zelo transbordou quando cavalgaste em teus cavalos de guerra e com tuas carruagens de vitória?

[20]Ke yena uNdikhoyo usendlwini yakhe engcwele; malithi cwaka phambi kwakhe lonke ihlabathi.”

UHabhakuki 3

Umthandazo womshumayeli uHabhakuki

[1]Nanku umthandazo womshumayeli uHabhakuki; uvunywa okwesililo.

[2] Ndikhoyo, ndiluvile udaba olungawe; ewe, ndithe khamnqa zizenzo zakho. Nakule mihla yethu khawuhlaziye loo misebenzi yakho yamandulo; ewe, ukusebenza kwakho makubonakale nakule yethu iminyaka. Nokuba unomsindo, mus' ukuyilibala inceba yakho.

[3]UThixo uyeza ephuma eTeman; uYedwa uvela kwintaba iParan. Ubuqaqawuli bakhe bambathisa amazulu; ihlabathi lizele ludumo lwakhe.

[4]Ukuqaqamba kwakhe kunjengokukhanya; isandla sakhe siphanjwa yimitha; azimel' apho amandla akhe.

[5]Yaba sisibetho phambi kwakhe; emkhondweni wakhe wee chu ubhubhani.

[6]Uthi angema lishukum' ihlabathi, azijonge zitsho zinkwantye izizwe. Iintaba zamandulo ziyaqhaqhamba; iinduli zakudala zona ziyatshona. Ewe, le yindlela yakhe yasephakadeni.

[7]Ndibona iintente zakwaKushan zisenkathazweni, izikhuselo zelizwe lakwaMidiyan zingcangcazela.

[8]Ucatshukiswa yimilambo na, Ndikhoyo? Ngaba uqunjiswa ziintlambo na? Ngaba wenziwa umsindo lulwandle na, le nto uqhuba amahashe akho nje, ukhwele kwiinqwelo zakho zoloyiso?

[9] Preparaste o teu arco; pediste muitas flechas.

[10] Os montes te observaram e se contorceram. Torrentes de água desceram com violência; o abismo estrondou, erguendo as suas ondas enormes.

[11] O sol e a lua param nas suas moradas, ante o lampejo das tuas flechas que voam, ao brilho intenso da tua lança reluzente.

[12] Com zelo e grande furor andaste a passos largos por toda a terra e com indignação pisoteaste gôym, nações pagãs!

[13] Partiste para salvar a tua gente, para libertar o teu povo ungido. Esmagaste o líder da nação ímpia, despindo-lhe por completo da cabeça aos pés.

[14] Traspassas a cabeça dos seus valentes com suas próprias lanças, quando saíram como um terrível ciclone, a fim de nos espalhar com maligno prazer, como se estivessem prestes a devorar o necessitado em seu abrigo.

[15] Eis que tu marchas com teus cavalos pelo mar, agitando as grandes águas.

[16] Assim que eu ouvi tudo isso, as minhas entranhas se comoveram, meus lábios tremeram; meus ossos desfaleceram; minhas pernas vacilaram. Portanto, aguardarei em tranquilo silêncio o Dia da tribulação, que virá sobre o povo que nos oprime.

[17] Ainda que a figueira não floresça, nem haja uvas nas videiras; mesmo falhando toda a safra de olivas, e as lavouras não

[9]Wena utyhila isaphetha sakho, uziqinise ngeziqalekiso iintolo zakho, ihlabathi uliphambe ngemilambo.

[10]Iintaba zithi zingakubona zibhinyalaze, imisinga yamanzi iqukuqele. Ke zona iinzonzobila ziyagquma; amaza ayalatyuza okwezandla eziphakanyisiweyo.

[11]Zithi zakumenyez' iintolo zakho ezikhawulezayo, wakuba umkhonto wakho umenye-menyeza, suka lingabonakali ilanga nenyanga esibhakabhakeni.

[12]Ihlabathi ulicanda unengqumbo, nezizwe uzinyhasha unomsindo.

[13]Uphuma uye kubahlangula abantu bakho, ukuze usindise umthanjiswa wakho. Uyaludiliza uphahla lomzi wabakhohlakeleyo, kutyhileke iindonga kuye kutsho kwilitye lesiseko.

[14]Uyigwaza ngomkhonto wayo inkokheli, bakuba abomkhosi wayo bephume okoqhwithela beze kusisarhaza, bezidla ngathi bobaqwenga ngasese abahlelelekileyo.

[15]Ugxampuza elwandle ngamahashe akho, aze ayaluzele amanzi amaninzi.

[16]Ndithe ndakuva satsho saxuxuzela isisu sam, imilebe yatsho yabebezela; amathambo atsho angenelwa yimpehla, nemilenze yam yasuka yagevezela. Kambe ke ndowulinda ngomonde umhla wenkxwaleko; nditsho umhla oya kufikela olu hlanga lusihlaselayo.

[17]Noba ungade ungadubuli umkhiwane, umdiliya ungabi nazo neziqhamo, nokuba awungevelisi nto umnquma, namasimi

produzam mantimento; as ovelhas sejam sequestradas do aprisco, e o gado morra nos currais,

[18] eu, todavia, me alegrarei no SENHOR, e exultarei no Deus da minha salvação!

[19] Yahweh Adonai, o SENHOR Soberano, é a minha força! Ele faz os meus pés como os do cervo; faz-me caminhar por lugares altos.

ngokwawo angabi nasivuno, zingade zingabikho iigusha esibayeni, nobuhlanti bungabi nazo nazinkomo,

[18]ewe, khona kungade kube njalo, kodwa mna ndochwayita kuNdikhoyo, ndibe nemihlali kuThixo ondisindisayo.

[19]Amandla am nguMhlekazi uNdikhoyo; uzenza iinyawo zam zibe njengezenxala; ngaye ndihamba kweziphezulu iindawo. Kumbhexeshi-kwayala; ngezikhalisi ezineentambo.

Sofonias

Sofonias 1

Ameaças contra Judá e Jerusalém

[1] Eis a Palavra de Yahweh que veio a Tsefaní ben Cushí, Sofonias filho de Cuchi, cujo nome significa Yahweh Protege; neto de Gelalias, bisneto de Amarias e trineto de Ezequias, durante o reinado de Josias, filho de Amom, rei de Judá:

[2] "Tornarei a destruir tudo o que se sustenta sobre a face da terra!" Palavra profética do SENHOR.

[3] "Exterminarei tanto os seres humanos quanto os animais; destruirei as aves do céu e os peixes do mar, e todos aqueles que causam tropeço e transgressão. Os ímpios serão apenas montões de destroços. Tudo isso farei quando Eu ceifar o homem da face da terra!

[4] Estenderei a mão contra Judá e contra todos os habitantes de Jerusalém; aniquilarei deste lugar o remanescente de Baal e os nomes dos ministros idólatras, junto com os sacerdotes;

[5] aqueles que vão para o alto dos terraços a fim de adorar o grande exército de estrelas, e aqueles que se prostram jurando em nome de Yahweh, o SENHOR, e também por Mal-Kawm', Moloque, Grande rei;

[6] os que deixam de seguir o SENHOR e não o buscam nem o consultam.

[7] Cala-te, pois, diante de Yahweh Adonai, Deus, porquanto o Dia do SENHOR está muito próximo, pois ele já preparou um sacrifício e consagrou os seus convidados.

UZefaniya

UZefaniya 1

Intshayelelo

[1]Nali ilizwi likaNdikhoyo elafika kuZefaniya unyana kaKushi, unyana kaGedaliya, unyana ka-Amariya, unyana kaHezekiya. Ngoko ke kwakungethuba lolawulo lukaJosiya unyana ka-Amon owayengukumkani kwaJuda.

Isilumkiso ngentshabalalo

[2]"Ndosuka nditshayele konke nje, ndikhucule konke ehlabathini." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[3]"Ndotshayela nje umntu nesilwanyana. Ewe, ndozitshabalalisa iintaka esibhakabhakeni, ndenjenjalo nasezintlanzini zolwandle. Ndobasusa abakhohlakeleyo bezizikhubekiso, ndimnqamle kuphele umntu ehlabathini." Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.

[4]"Isandla sam ndosolulela kuJuda nakubo bonke abemi beJerusalem, ndiwanqamle kule ndawo amasalela kaBhali, ndiwacime amagama abanquli-zithixo kunye nababingeleli bazo –

[5]nditsho bona abo baguqa phezu kwezindlu benqula iinkwenkwezi, abo baguqayo bafunge uNdikhoyo, ukanti ke bakwafunga noMalkam,

[6]abo bakreqileyo ekulandeleni uNdikhoyo, abo bangasamfuni nganto uNdikhoyo, kungekho nanto bayibuzayo kuye.

[7]Ewe, yithini cwaka phambi kweNkosi uNdikhoyo; kaloku imini kaNdikhoyo isemnyango. Yena ulilungisile idini, ubangcwalisile abo abamemileyo.

[8] No dia do sacrifício do SENHOR castigarei os líderes e os filhos do rei e todos os que estão vestidos com roupas estrangeiras!

[9] Castigarei também naquele Dia todos os que seguem a tradição de pular a soleira da porta dos templos de seus ídolos, e que enchem a casa de seus deuses com violência e engano."

[10] E assevera Yahweh: "Naquele grande Dia se ouvirá uma voz de clamor junto ao portão de Dâ'g, dos Peixes, pranto e lamento em todo o novo distrito; estrondos assustadores nas colinas.

[11] Ó moradores de Mactes, lugar onde se faz argamassa, chorai, porque todo o povo de Canaã está arrasado; todos os que usam a prata para comprar serão exterminados.

[12] Naquela época vasculharei Jerusalém com lanternas e castigarei todas as pessoas que descansam sobre a borra do vinho velho e azedo, isto é, que são complacentes com o pecado, e que alegam em seus corações: 'Ora, o SENHOR não intervém, ele não faz o bem nem o mal!'

[13] Por isso a riqueza deles será saqueada, e suas casas, destruídas; se esforçarão na tentativa de construir novas casas, porém nelas não morarão; plantarão vinhas e vinhas, mas não beberão do vinho.

[14] Eis que o grande Dia de Yahweh, o SENHOR, breve virá! Está bem próximo e vem depressa! Contudo, ouvi com atenção! O Dia de Yahweh será muito amargo; até os homens mais poderosos da terra tremerão e clamarão.

[8]Ngaloo mini yedini likaNdikhoyo ndiya kuwohlwaya amatshawe, ndibabethe oonyana bokumkani nâbo bavatha impahla yasemzini.

[9]Ngaloo mini ndiya kubohlwaya bonke abatsiba umgubasi womnyango, abazalisa indlu yothixo wabo ngogonyamelo kunye nenkohliso.

[10]"Ngaloo mini," nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo, "kovakala isikhalo ngakwiSango leeNtlanzi, ibe sisijwili ngakuMzi oMtsha, kuvakale isithonga ngasezindulini.

[11]Yenzani isijwili, nina bahlala esigingqini. Bonke abarhwebi botshatyalaliswa, bavuthululwe abashishina ngesiliva.

[12]Ngelo xesha ndophath' izibane ndiphicothe iJerusalem, ndibohlwaye abo bangakhathalele nto, abo bafana newayini enentlenge, abathi: 'UNdikhoyo soze enze nto, nditsho nokuba intle okanye imbi.'

[13]Ubutyebi babo buya kuxhatshazwa, izindlu zabo zona zibhodlozwe. Boba ngazakha ke izindlu, kodwa bangaze bahlale kuzo. Ewe, bozilima izidiliya, kodwa bangaze basele wayini yazo."

Imini enkulu kaNdikhoyo

[14]Isondele imini enkulu kaNdikhoyo; ewe, isondele, yaye iza ngokukhawuleza. Yivani! Isikhalo soba krakra ngemini kaNdikhoyo – nditsho imikhwazo yamagorha ngaloo mini.

[15] Porquanto, aquele Dia, será um dia de grande indignação, dia de tribulação e profunda angústia; dia de sofrimento e ruína, dia de nuvens e trevas,

[15]Leyo yoba yimini yengqumbo, imini yokuxhwaleka nosizi, umhla wentshabalalo nembubho, umhla wobumnyama nesithokothoko, imini yamafu nomnyam' ombonde-mbonde,

[16] dia em que o Shofar, trombeta, irá gritar os alertas de guerra contra todas as cidades fortificadas e contra as torres altas.

[16]umhla wesigodlo nentlaba-mkhosi ebhekisa kwizixeko ezinqatyisiweyo nakwezo nqaba ziphakamileyo.

[17] Então afligirei sobremaneira a humanidade, e os homens vaguearão sem nada enxergar, porque pecaram contra o SENHOR; seu sangue se derramará como pó, e suas entranhas como esterco.

[17]Abantu ndobazisela inkxwaleko; bosuka bafathule ngathi ziimfama. Kaloku bamonile uNdikhoyo. Igazi labo lophalala njengothuli, imizimba yabo ivuthuluke njengobulongwe.

[18] E, naquele Dia, nem a sua prata, nem todo o ouro poderão livrá-los da ira de Yahweh; o fogo do zelo do SENHOR consumirá o mundo inteiro, porquanto ele dará um fim repentino e inexorável a todos os que vivem sobre a face da terra!”

[18]Soze yabasindisa igolide nesiliva yabo ngaloo mini yengqumbo kaNdikhoyo. Umhlaba wotshiswa wonke ngumlilo wekhwele lakhe. Uya kubenzela isiphelo esipheleleyo nesikhawulezileyo bonke abemi behlabathi.

Sofonias 2

UZefaniya 2

Ameaças contra diversas nações

[1] Reúna-te e examina-te, ó nação sem sentimento de justiça e honestidade,

[1]Qokelelanani nihlanganisane, sizwendini esingenantloni,

[2] antes que chegue o tempo determinado e aquele Dia transcorra como a palha, antes que se abata sobre vós todo o furor do zelo de Yahweh, o SENHOR.

[2]lingekafiki ixesha elimisiweyo, imini eyonitshayela njengomququ, ingekanifikeli ingqumbo eshushu kaNdikhoyo, ningekafunyanwa ngumhla wengqumbo yakhe.

[3] Buscai o SENHOR, vós todos os humildes da terra, que andais conforme a sua Palavra; buscai a justiça, buscai a humildade; talvez sejais poupados no Dia da ira de Yahweh.

[3]Mfuneni uNdikhoyo, bemi abathobekileyo behlabathi, nina benza umyalelo wakhe. Zingelan' ubulungisa nentobeko, mhlawumbi nokhuseleka ngemini yomsindo kaNdikhoyo.

Intshabalalo kwizizwe eziphahle uSirayeli

[4] Gaza será abandonada, e Ascalom ficará devastada. Ao meio-dia Asdote será banida, e Ecrom será desarraigada.

[4]IGaza yolil' ibhungane, iAshkelon isale ingamabhodlo. Kanye emin' emaqanda

iAshdode iya kuqongqothwa, ke yona iEkron incothulwe.

[5] Ai dos habitantes do litoral, da nação dos queretitas; a Palavra do SENHOR está contra vossas atitudes, ó Canaã, terra dos filisteus; e Eu vos destruirei sem que reste nem sequer um habitante.

[5]Yeha ke, nina bemi ngaselwandle! Yeha ke, nina maKreti! Ilizwi likaNdikhoyo lichasene nani: “Wena Kanana, mhlaba wamaFilistiya, ndokutshabalalisa, kungabikho namnye umi kuwe.”

[6] Toda essa terra junto ao mar, onde habitam os queretitas, se transformará em pastagem, com cabanas para os pastores e currais para os rebanhos.

[6]Loo mhlaba ungaselwandle, apho kumi amaKreti, woba zizikhundla zabelusi nezibaya zeegusha.

[7] O litoral pertencerá ao restante da Casa de Judá, para que se alimentem ali; ao pôr-do-sol se deitarão nas casas de Ascalom; pois Yahweh, o seu Elohim, Deus, zelará por eles e restaurará o seu destino, trazendo-os de volta do cativeiro.

[7]Umhlaba lowo woba ngowamasalela endlu kaJuda; khona bozuza amadlelo. Ngokuhlwa bolala kwizindlu zaseAshkelon; kaloku uNdikhoyo uThixo wabo wobanonophela, abenze badle ngendeb' endala.

[8] Eis que os insultos de Moabe e as zombarias dos amonitas, que insultaram o meu povo e levantaram ameaças perversas contra o seu território, chegaram aos meus ouvidos!

[8]“Ndizivile izithuko zikaMowabhi, ngokunjalo nezingcikivo zoonyana baka-Amon. Ewe, babathukile abantu bam, bangenelela emideni yabo.

[9] Por esse motivo, afirma Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, o Elohimde Israel: ‘Tão certo como Eu vivo, Moabe ficará como Sodoma e os amonitas como Gomorra: uma região inteira tomada pelas ervas daninhas e imensos poços de sal, uma desolação perpétua! E, então, o remanescente do meu povo os saqueará, e os sobreviventes da minha nação possuirão a terra deles.”

[9]Ngoko ke, ndikhonje, ndiyafunga,” nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo onamandla onke, uThixo kaSirayeli: “Inene, iMowabhi yofana nqwa neSodom, ama-Amon abe njengeGomora, indawo yokhula nemihadi yetyuwa. Yoba yinkangala ngonaphakade. Amasalela abantu bam aya kubaxhaphaza; ewe, amasalela esizwe sam owudla ilifa umhlaba wabo.”

[10] Portanto, é isso que eles ganharão como recompensa por sua arrogância, por ofenderem e menosprezarem o povo do SENHOR dos Exércitos!

[10]Yonke loo nto ingenxa yekratshi labo, ngenxa yokuthuka nokuphoxisa ngabantu bakaNdikhoyo onamandla onke.

[11] Yahweh será implacável e violento contra eles, quando arrasar todos os deuses

[11]UNdikhoyo woba ngorhwaqelisayo kubo, kuba wozitshabalalisa izithixo zelizwe.

cultuados sobre a face da terra. Então todos os povos, cada um no seu próprio país e cultura, adorarão a Elohim, Deus.

Izizwe macala onke ziya kumnqula; bebonke ke kwimihlaba yabo.

12 Ó etíopes, vós também sereis aniquilados ao fio da minha espada de juízo!

12“Nani ngokwenu, maKushe, niya kubulawa ngekrele lam.”

13 Deus estenderá a mão contra o Norte e destruirá a Assíria, deixando a grande Nínive absolutamente em ruínas, tão seca e árida como o deserto.

13Uya kusolula isandla sakhe kwelangasentla, ayitshabalalise iAsiriya, ayenze ibe linxuwa iNiniva, isale iyinkangala enjengentlango.

14 No meio dela se deitarão rebanhos, e diversos tipos de animais silvestres. Até a coruja do deserto e os corvos se empoleirarão no topo de suas colunas. Gritos ecoarão pelas janelas afora. Haverá montões de entulhos nas estradas, e as vigas de cedro ficarão todas expostas.

14Iya kubutha phakathi kwayo imihlambi; ewe, yoba likhaya lazo zonke iindidi zezilwanyana. Soba lapho isikhova nesihulu-hulu, side silale kuloo miwewe, zikhwazane kwezo festile, ibe emnyango iyinkunkuma yodwa, imiqadi yomsedare isele izé.

15 Esta, pois, é a cidade que rejubilava-se, que vivia despreocupada em plena segurança, e considerava consigo mesma: ‘Eu sou o que há de melhor, e além de mim não há mais ninguém!’ Ai, ai, só lhe restou dor e destroços; transformou-se numa grande toca de animais selvagens! Todos aqueles que passam por ela sacodem as mãos e assobiam em sinal de assombro e escárnio!

15Koba njalo okwesixeko esonwabileyo, esisoloko sihleli sikhuselekile. Kaloku sona sasisithi: “Ndim ndodwa; akukho wumbi.” Ndlela le singamabobosi ngayo! Ngoku seyilikhaya lamarhamncwa. Ke abadlulayo bobetha umlozi, babambe ongezantsi.

Sofonias 3

O castigo de Jerusalém. A promessa feita aos fiéis

1 Ai da filha, cidade, rebelde e imoral; obscena e opressora!

2 Não dá ouvidos à sabedoria, tampouco aceita qualquer correção; não confia em Yahweh, o SENHOR, nem se aproxima do seu Elohim, Deus!

3 Entre o próprio povo da nação os seus líderes são leões violentos que rugem o

UZefaniya 3

Ikamva leJerusalem

1Yeha ke, mvukelindini uxabhelekileyo, sixekondini sabacinezeli!

2Kaloku asithobeli mntu; ewe, asiva kululekwa. Sona asimthembi noNdikhoyo; asisondeli nokusondela kuThixo waso.

3Sitsho ngâbo balawuli baso, izinto ezibhavuml' okweengonyama. Abagwebi

tempo todo; seus juízes são lobos vespertinos, que tudo devoram e nada deixam para o dia seguinte.

4 Os seus profetas são levianos, homens ardilosos e traiçoeiros; os seus sacerdotes profanam o Sagrado e violentam a Torá, Lei.

5 No meio desta cidade está Yahweh, o SENHOR, que é justo e jamais comete um ato maldoso. A cada manhã ele ministra o seu direito e retidão; dia após dia sem nunca falhar. Mas o injusto não se envergonha, nem se arrepende da sua injustiça.

6 "Eis que exterminei nações; todas as suas fortalezas estão arrasadas. Deixei desertas as suas ruas. Suas cidades estão completamente arruinadas; nem uma só pessoa sobreviveu; ninguém!

7 Então Eu mesmo declarei à cidade: 'Com certeza agora me dedicarás a tua reverente obediência!' Pois, deste modo, a destruição não chegaria à tua habitação, nem cairiam sobre ela todos os meus castigos. No entanto, eles ainda estavam ávidos por praticar todo tipo de malignidade.

8 Sendo assim, esperai por mim!" adverte Yahweh, "no dia em que Eu me levantar para expressar meu testemunho de acusação. Porquanto decidi ajuntar as nações, reunir os reinos e derramar a minha ira sobre eles, todo o furor da minha indignação. E então o mundo todo será consumido pelo fogo do meu zelo e da minha ira!

banjengeengcuka zangorhatya, izinto ezingashiyi nethambo eli elinokukhukhuzwa ngengomso.

4 Abashumayeli bakhona zizintw' ezingenazimilo, abafo abaqamela ngobuqhetseba. Ababingeleli bayayixabhela ingcwele; ewe, bona bayawuvukela umthetho.

5Ke uNdikhoyo uphakathi kwaso, yena olilungisa elingenzi bugwenxa. Uphak' ubulungisa ntsasa zonke; akukho nanye imini asilela ngayo. Ke bona abagwenxa abazi nehlazo eli.

6"Mna ndizinqamle izizwe, ndazivuthulula iinqaba zazo, ndatsho kwalil' ibhungane ezitalatweni zabo. Akusekho nomntu lo odlulayo; ewe, izixeko zabo zitshatyalalisiwe. Ngenene akusekho bani useleyo, kungekho namnye ummi kuyo.

7Bendisithi iJerusalem iya kundoyika, ikwamkele ukululekwa, nendawo yokuhlala kwayo inganqanyulwa, nditsho konke endayibonelela ngako. Kambe ke basuka baxhinela phambili besenza loo mikhuba yabo mibi.

8"Ngoko ke lindelani kum," utsho uNdikhoyo, "nijonge usuku endothimba ngalo. Ndosuka ndiziqokelele izizwe, ndizihlanganisele ndawonye izikumkani, ndizigalele ngomsindo wam, ndiyibhokoxele kuzo ingqumbo yam eshushu, ihlabathi liphela litshabalale, ndililenye ngomlilo womsindo wekhwele lam.

[9] E assim haverei de purificar os lábios dos povos, para que todos eles invoquem o Nome de Yahweh e o sirvam espontaneamente, e com o mesmo espírito.

[10] Desde além dos rios da Etiópia os meus adoradores, o meu povo disperso me trarão suas ofertas.

[11] Naquele dia, não mais sereis humilhados pelos seus muitos atos de rebelião, pois retirarei desta Cidade os que se ufanam da sua soberba. Nunca mais sereis arrogantes no meu santo monte.

[12] Mas conservarei no meio da Cidade os mansos e humildes, que se refugiarão em o Nome do SENHOR: Yahweh.

[13] Portanto, o remanescente de Israel não mais praticará malignidades, nem injustiças; não faltará com a verdade, nem se encontrará nas bocas dessas pessoas qualquer engano ou falsidade. Eles se alimentarão e descansarão tranquilamente, sem que nada, nem ninguém os perturbe!"

[14] Canta, pois, alegremente, ó filha, cidade, de Tsión, Sião; rejubila, ó Yisra'êl, Israel, Vencer com Deus! Regozija-te e exulta de todo o coração, ó filha, cidade, de Jerusalém!

[15] Eis que Yahweh anulou a sentença de execução que havia contra ti, e fez retroceder todos os teus inimigos. O SENHOR, o Rei de Israel, está no meio de ti; daqui por diante, não temerás mal algum!

[16] Naquele dia se assegurará a Jerusalém: "Não temas, ó Sião; não deixes as tuas mãos desanimarem, nem se enfraquecerem.

[9]"Nezizwe ke ndosuka ndiziguqule ukuze zonke zimnqule uNdikhoyo; ewe, zimbuse ngamxhelo mnye.

[10]"Abakhonzi bam, abantu bam abasarhazekileyo, bophuma phesheya komlambo waseKushe, bandizisele iminikelo.

[11]"Ngaloo mini aniyi kudana ngobugwenxa enibenze kum, kuba ndobasusa kwesi sixeko abo baziqhayisa ngekratshi. Soze niphinde nidelele kuloo ntaba yam ingcwele.

[12]Ke kaloku ndonishiyela abantu abanobulali nabathobekileyo, abantu abakholosa ngegama likaNdikhoyo.

[13]"Amasalela kaSirayeli soze anxaxhe. Akasayi kuthetha buxoki, kungàfunyanwa nankohliso emilonyeni yabo. Aya kutya angqengqe, kungabikho bani unokuwoyikisa."

Ingoma yemincili

[14]Khawuhlabel' ingoma, ntombi inguZiyon; uyiyizele, wena Sirayeli! Vuya uchwayite ngentliziyo yakho yonke – ndixela wena, ntombi inguJerusalem!

[15] UNdikhoyo usirhoxisile isigwebo sakho, neentshaba zakho uzijikile. Ke yena uNdikhoyo, uKumkani kaSirayeli, ungakuwe; soz' uphinde uboyike ububi.

[16]Ngaloo mini kothiwa kwiJerusalem: "Musa ukoyika, Ziyon! Mazingabi namkhinkqi izandla zakho.

[17] Yahweh, o SENHOR teu Deus, está no meio de ti, agindo poderosamente para te salvar; ele terá enorme prazer em ti, e com seu amor te renovará completamente, e se alegrará contigo em grande comunhão com brados de vitória e júbilo!”

[17]UNdikhoyo uThixo wakho unawe; uligorha elisindisayo. Yena unemihlali ngawe, enovuyo; uya kukuthulisa ngothando lwakhe; ugcoba ngawe eyiyizela,

[18] “Eu mesmo reunirei os que lamentam a falta das festas solenes, os que se afastaram da vossa companhia, a fim de que isso não mais vos pese como humilhação.

[18]ngathi ngabantu ngomhla wetheko.” Kaloku uNdikhoyo uthi: “Ndonikhusela kuyo intlekele, ningabi saba sisingcikivo.

[19] Nessa época, atuarei severamente contra todos os que te oprimem; salvarei os aleijados e ajuntarei todos os dispersos. Farei com que sejam honrados e respeitados em toda a terra onde foram envergonhados.

[19]Uyabona, ngelo xesha ndiya kuphathana nabo abo bakucinezeleyo. Ndiya kusihlangula isiqhwala, ndibaqokelele abo basarhazekileyo. Ndiya kubanika udumo nokuhlonelwa kuloo mazwe onke ababehlaziswa kuwo.

[20] Então, naquele tempo vos reunirei; naqueles dias, Eu mesmo vos trarei de volta para casa. Eu vos darei a honra e o reconhecimento entre todos os povos da terra; quando, enfim, Eu restaurar a vossa sorte e trouxer vossos cativos de volta, diante dos teus próprios olhos!” Garante Yahweh, o SENHOR.

[20]Ngelo xesha ndoniqokelela; ewe, ndinibuyisele ekhaya, ndinithi jize ngesidima nendumiso kuzo zonke izizwe zehlabathi, xa ndinibuyisela kundalashe. Nani ke noyibona loo nto ngala wenu amehlo!” Utsho uNdikhoyo.

Ageu	UHagayi
Ageu 1	**UHagayi 1**
Ageu repreende o povo por causa de sua inércia e o exorta a reedificar o templo	**Umyalelo wokwakhiwa kwendlu kaThixo**
1 No primeiro dia do sexto mês do segundo ano do reinado de Dario, eis que a Palavra de Yahweh foi anunciada por intermédio do profeta Hägai, Ageu, Festivo, ao governador de Judá, Zerubavel ben Shealtiel, Zorobabel filho de Sealtiel, e ao Grande sacerdote Josué, filho de Jeozadaque, nos seguintes termos:	1Ngomhla wokuqala kwinyanga yesithandathu kunyaka wesibini wolawulo lukakumkani uDariyo, ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi. Lalibhekiswa kwirhuluneli yamaJuda uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, kunye nombingeleli omkhulu uYeshuwa unyana kaYozadaki, lisithi:
2 “Assim diz Yahweh, o SENHOR dos Exércitos: Este povo murmura: ‘Não chegou ainda o momento certo, o tempo para se reconstruir a Casa de Yahweh!’”	2“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Aba bantu bathi: “Eli alikabi loxesha lokuyakha indlu kaNdikhoyo.” ’ ”
3 Por este motivo a Palavra do SENHOR foi uma vez mais comunicada por meio do seu profeta Ageu, dizendo:	3Ke ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:
4 “Porventura é tempo de habitardes em casas com luxuoso acabamento, enquanto a minha Casa continua em ruínas?”	4“Ngani ukuba nina nihlale ezindlwini ezifanelekileyo, kodwa yona indlu yam ibe ilinxuwa?
5 Assim ordena Yahweh Tsâbâ’, o SENHOR dos Exércitos: “Considerai, pois, o vosso passado!	5Ke ngoko utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Zigqaleni iindlela zenu.
6 Semeastes muito, mas colhestes pouco! Comeis, mas não vos satisfazeis; bebeis, mas não conseguis matar a sede; vesti-vos, mas ninguém se sente aquecido e confortável; e o que recebe salário, recebe-o para depositá-lo numa bolsa furada!”	6Nihlwayela kakhulu, kodwa nivune kancinane; ewe, niyadla, kodwa ningahluthi; niyasela, kodwa ninganeli; niyambatha, kodwa ningafudumali; niyaphangela, kodwa umvuzo wenu ube ngathi ufakwe engxoweni evuzayo.’
7 Assim, pois, declara o Eterno dos Exércitos: “Considerai o vosso passado; refleti sobre o que tens feito!	7“Utsho ke uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Zigqaleni iindlela zenu.
8 Portanto, subi sem demora o monte, trazei boa madeira e edificai o Bayith, a Casa, para	8Khaninyuke ezintabeni, nize nemithi, niyakhe indlu yam. Ndokholiswa yiyo, ndize ndizimaseke,’ utsho uNdikhoyo.

que Eu me alegre dela e nela seja glorificado!" Exorta Yahweh.

9 "De fato, esperastes muito, mas veio pouco; e esse pouco, quando o levastes para casa, Eu ainda o dissipei com um só sopro. E agi deste modo por que motivo?" Questiona o SENHOR dos Exércitos. "Ora, porque deixastes a minha Casa sob escombros, ao passo que cada um de vós só da atenção à sua própria casa e bens!

9'Benilindele lukhulu, kodwa suka nazuz' intwan' encinci! Nithe nakuza nayo ekhaya, ndayivuthela yee shwaka! Ngani ke?' utsho uNdikhoyo onamandla onke. 'Kungenxa yendlu yam, yona le ilinxuwa, nibe nina elowo exakeke yeyakhe indlu.

10 Por esta razão, por causa de vós mesmos, o céu reteve o orvalho e cessou de dar o seu fruto costumeiro.

10Kungenxa yenu ke ngoko ukuba izulu liwubambe umbethe walo, nomhlaba utsho ungavelisi nto.

11 Nos campos e nos montes provoquei uma seca que afetou sobremaneira o trigo, o vinho, o azeite e tudo mais que a terra produz, e também todas as pessoas e os rebanhos. O trabalho das vossas mãos foi prejudicado!"

11Ke ndinizisele imbalela emasimini, emadlelweni, kwingqolowa, kwiwayini, namafutha omnquma, nayo nayiphi na into eveliswa ngumhlaba. Ikho ezinkomeni, nasebantwini, nakuwo wonke umsebenzi wezandla zenu.' "

Abantu bathobela umyalelo

12 Então Zorobabel, filho de Sealtiel, e o sumo sacerdote Josué, filho de Jeozadaque, com todo o restante do povo, decidiram obedecer à voz de Yahweh seu Elohim, Deus, e atender às palavras do profeta Ageu, a quem o Eterno seu Deus havia mandado. E todo o povo temeu grandemente o SENHOR.

12Ke kaloku uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, nombingeleli omkhulu uYeshuwa unyana kaYozadaki, nabo bonke abantu abangamasalela, bawuthobela bawenza umyalelo kaNdikhoyo uThixo wabo, ngokwamazwi omshumayeli uHagayi.

13 Em seguida, Ageu, o mensageiro de Deus, transmitiu esta Palavra do SENHOR para o povo: "Eis que Eu estou convosco!" Assegura Yahweh.

13Ke uHagayi, isigidimi sikaNdikhoyo, waluthetha udaba lukaNdikhoyo ebantwini, wathi: "Ndiya kuba nani."

14 Sendo assim, o SENHOR proporcionou forte ânimo ao governador de Judá, Zorobabel, filho de Sealtiel, e ao sumo sacerdote Josué, filho de Jeozadaque, e a todo o restante do povo; eles foram cheios

14Ke uNdikhoyo wawuvuselela umoya werhuluneli uZerubhabheli unyana kaShelatiyeli, nowombingeleli omkhulu uYeshuwa unyana kaYozadaki, nowabo bonke abantu abangamasalela, beza ke

de disposição e começaram a trabalhar na reconstrução da Casa de Yahweh dos Exércitos, seu Elohim, Deus.

15 E isto ocorreu no vigésimo quarto dia do sexto mês do segundo ano do reinado de Dario.

Ageu 2

A glória do segundo templo

1 No vigésimo primeiro dia do sétimo mês, a Palavra do SENHOR foi comunicada por intermédio do profeta Ageu, dizendo:

2 “Formulai a seguinte indagação ao governador de Judá, Zorobabel, filho de Sealtiel, ao sumo sacerdote Josué, filho de Jeozadaque, e ao restante do povo:

3 ‘Dentre todos vós, os sobreviventes, quem se lembra de ter visto este Templo em sua primeira glória? Comparado ao primeiro, não é como nada o que vossos olhos contemplam agora?

4 Todavia, diz Yahweh: “Coragem, Zorobabel! Coragem, ó Grande sacerdote Josué, filho de Jeozadaque! Esforçai-vos, todo o povo da terra!”, exorta o SENHOR, “e trabalhai com dedicação, porquanto eis que Eu estou convosco!” assegura Yahweh, o SENHOR dos Exércitos.

5 Esta, pois, é a Aliança que estabeleci convosco, quando deixastes o Egito: ‘O meu Espírito está presente entre todos vós! Não temais!”

6 Pois assim promete Yahweh dos Exércitos: “Muito em breve farei tremer os céus e a terra, o mar e a toda a terra seca!

bawuqalisa umsebenzi wokwakhiwa kwendlu kaNdikhoyo onamandla onke uThixo wabo

15ngomhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yesithandathu ngonyaka wesibini wolawulo lukakumkani uDariyo.

UHagayi 2

Ubunewu-newu bendlu entsha kaNdikhoyo

1Ngomhla wamashumi amabini ananye ngenyanga yesixhenxe ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:

2“Thetha kunyana kaShelatiyeli uZerubhabheli irhuluneli yakwaJuda, nakunyana kaYozadaki uYeshuwa umbingeleli omkhulu, nasebantwini bonke abaseleyo, uthi:

3‘Ngubani na kuni osaseleyo owabubonayo ubunewu-newu bale ndlu mandulo? Ngoku ikhangeleka njani kuni? Xa niyithelekisa naleya ayikhangeleki ingeyonto?

4Kodwa ke yomelela, Zerubhabheli,’ utsho uNdikhoyo. ‘Yomelela, mbingeleli omkhulu Yeshuwa, nyana kaYozadaki. Kaloku mna ndinani,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

5‘Ekuphumeni kwenu eJiputa ndanqophisa ukuba ndiya kuhlala ndinani. Ke uMoya wam usenani; musani ukoyika.’

6“Kaloku uNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Kungekudalanje, ngaso isihlandlo esinye, ndiya kunyikimisa izulu nehlabathi, ndigungqise ulwandle nomhlaba owomileyo.

[7] Farei com que as nações estremeçam; e eis que elas trarão para cá os seus tesouros, e encherei esta Casa com Kâbôd, Glória!" assegura o SENHOR dos Exércitos.
[8] Porquanto, toda prata e todo ouro a mim pertencem!" Afirma Yahweh.

[9] "Portanto, o esplendor deste novo Templo será ainda maior do que a glória do antigo!" declara o SENHOR dos Exércitos. "E neste lugar firmarei o meu Shalom, a Paz!" garante Yahweh.

Repreensão e promessa de bênção

[10] No vigésimo quarto dia do nono mês, no segundo ano do império do rei Dario, eis que a Palavra de Yahweh veio novamente ao profeta Ageu, dizendo:

[11] Assim afirma o SENHOR dos Exércitos: "Agora, pois, questiona os sacerdotes a respeito da Torá, Lei:

[12] Se alguém levar carne consagrada na borda de suas vestes, e com elas tocar num pão, ou em algo cozido, ou em vinho, ou em azeite, ou ainda em qualquer tipo de alimento, isso se tornará consagrado?"Ao que os sacerdotes prontamente responderam: "Não".

[13] Em seguida Ageu formulou a seguinte questão: "Se uma pessoa ficar impura por tocar em um cadáver e depois tocar em algum desses elementos, esse elemento tocado também se tornará impuro?" E os sacerdotes disseram: "Sim, esse elemento ficará impuro."

[7]Ndiya kuziphithizelisa zonke izizwe, ubutyebi bazo buziswe apha, le ndlu yam ndiyizalise ngesihomo,' utsho uNdikhoyo onamandla onke.
[8]'Isiliva yeyam; kanti negolide yeyam,' utsho uNdikhoyo onamandla onke.
[9]'Indlu entsha yoba nesihomo esingaphezulu kunesihomo saleya indlu yangaphambili,' utsho uNdikhoyo onamandla onke. 'Ukanti ke kuyo le ndawo ndiya kunika uxolo,' utsho uNdikhoyo onamandla onke."

Umshumayeli uthetha nababingeleli

[10]Ngosuku lwamashumi amabini anesine kwinyanga yethoba ngonyaka wesibini wokulawula kukaDariyo ilizwi likaNdikhoyo lafika kumshumayeli uHagayi lisithi:
[11]"Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: 'Buza ababingeleli ukuba umthetho uthini na.
[12]Ukuba umntu uphethe inyama ehlambulukileyo ngesondo lengubo yakhe, ngaba ke xa isondo laloo ngubo yakhe lirhece nokuba sisonka, ukutya okuphekiweyo, iwayini, amafutha omnquma, okanye nakuphi na ukutya, ngaba elo sondo likwenza kuhlambuluke oko kutya?' " Ababingeleli baphendula bathi: "Hayi!"

[13]Ke uHagayi wathi: "Ukuba umntu unomlaza kukuphatha isidumbu, ngaba xa echukumise ukutya nako kutsho kube nomlaza?" Ababingeleli baphendula bathi: "Ewe, kuba nomlaza."

[14] Então Ageu comunicou a resposta do SENHOR, explicando: "É exatamente isso o que se passa com este povo e com toda esta nação. Tudo o que fazem e tudo o que conseguem oferecer é tâmê', impuro!

[15] Agora, pois, prestai toda a atenção e considerai tudo o que vem acontecendo desde aquele dia. Antes de haveres iniciado a reconstrução do Templo.

[16] Ora, o que é que ocorria? Se alguém ia até um depósito procurando vinte medidas, ou seja, duzentos quilos de trigo, só conseguia comprar cem quilos; quando vinha ao tanque de espremer uvas para adquirir cinquenta medidas, ou cem litros, só podia levar quarenta litros!

[17] Vede? Eu mesmo destruí todo o trabalho das vossas mãos, mediante o mofo, a ferrugem e o granizo; contudo, mesmo assim, ninguém de vós se arrependeu e voltou para mim!" Admoesta Yahweh.

[18] "No entanto, considerai, Eu vos peço, de hoje em diante; do vigésimo quarto dia do nono mês; reparem no dia em que os fundamentos da Casa de Yahweh foram lançados. Reconsiderai:

[19] Ainda há alguma semente no celeiro? De fato, até hoje a videira, a figueira, a romeira e a oliveira não têm dado fruto. Mas, de hoje em diante, Eu mesmo vos abençoarei sobremaneira!"

A destruição dos inimigos. A elevação de Zorobabel

[14]Ke uHagayi waphendula wathi: "Utsho uNdikhoyo ukuthi: 'Ekuboneni kwam bakwanjalo aba bantu kwakunye nolu hlanga. Ewe, unjalo wonke umsebenzi wezandla zabo, nento abanikela ngayo khona apho inomlaza.' "

UNdikhoyo uthembisa ngentsikelelo

[15]" 'Ke ngoku kugqaleni okwakusenzeka kwimihla edlulileyo xa beningekaqalisi ukubeka ilitye phezu kwelitye nisakha indlu kaNdikhoyo.

[16]Kaloku benisiya kwisitha sengqolowa nilindele isivuno esingamashumi amabini, nisuke nizuze ishumi elinye kuphela. Benisiya esixovululweni sewayini nilindele ukuzuza imilinganiselo emashumi mahlanu, kodwa nizuze amashumi amabini kuphela.

[17]Wonke umsebenzi wezandla zenu ndawubetha ngerusi, nesihumba, nesichotho, kodwa noko akubangakho namnye kuni ubuyela kum,' utsho uNdikhoyo.

[18]'Gqalani ke ukususela namhlanje kulo mhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yethoba, suku olo zigqitywe ngalo iziseko zendlu kaThixo. Ze niqwalasele ke niyibone into eza kwenzeka.

[19]Ngaba isekho imbewu eseleyo koovimba? Kude kube ngoku izidiliya zenu, namakhiwane enu, ngokunjalo nemirharnati kunye neminquma yenu, ibingathwali ziqhamo, kodwa ke ukusukela namhlanje ndiza kunithamsanqela.' "

UNdikhoyo uthembisa uZerubhabheli

[20] Então a Palavra do SENHOR veio a Ageu uma vez mais, no vigésimo quarto dia do nono mês, com a seguinte orientação:

[21] Dizei a Zorobabel, governador de Judá: Eis que farei tremer s céus e toda a terra!

[22] Derrubarei tronos e destruirei o poder dos reinos estrangeiros. Tombarei os carros de guerra com seus condutores: os cavalos e os seus cavaleiros militares, todos cairão, e cada um pela própria espada do seu companheiro.

[23] "Naquele Dia", declara Yahweh, o SENHOR dos Exércitos, "Eu te tornarei governador do meu povo, meu servo Zorobabel, filho de Sealtiel!" Afirma o SENHOR, "e te farei como um anel de selar, porquanto Eu te escolhi!" Assevera Yahweh, o Eterno dos Exércitos.

[20]Ilizwi likaNdikhoyo laphinda lafika kuHagayi isihlandlo sesibini ngosuku lwamashumi amabini anesine lwaloo nyanga, lisithi:

[21]"Thetha kuZerubhabheli irhuluneli yakwaJuda, uthi: 'Ndiza kulinyikimisa izulu nehlabathi,

[22]ndibakhiqe ookumkani kwizihlalo zabo, ndiwaphelise amagunya ezikumkani zeentlanga, ndizibhukuqe iinqwelo zokulwa nababhexeshi bazo, kuwe amahashe nabakhwele kuwo, elowo awe likrele lomtakwabo.

[23]Ngaloo mini,' utsho uNdikhoyo onamandla onke, 'ndiya kukuthabatha wena mkhonzi wam Zerubhabheli, nyana kaShelatiyeli,' utsho uNdikhoyo, 'ndikwenze ube ngumsesane wophawu lwam, kuba ndikunyule,' utsho uNdikhoyo onamandla onke."

Zacarias	UZakariya
Zacarias 1	**UZakariya 1**
Exortação ao arrependimento	**Ukubizelwa enguqukweni**
1 No oitavo mês do segundo ano do império do rei Dario, a Palavra de Yahweh chegou ao profeta Zehariá ben Berehiá, Zacarias filho de Berequias, neto de Ido, cujo nome significa, Yahweh Lembra, nos seguintes termos:	1Ke kaloku kwathi kwinyanga yesibhozo yonyaka wesibini wolawulo lukaDariyo, ilizwi likaNdikhoyo lafikela umshumayeli uZakariyaunyana kaBherekiya unyana kaIdo.
2 “Eis que o SENHOR se irou sobremaneira contra os teus antepassados.	2Lalisithi: “UNdikhoyo wayebaqumbele gqitha ooyihlo-mkhulu.
3 Por esse motivo, anunciai diante de todo o povo: Assim ordena Yahweh dos Exércitos: Retornai a mim, e Eu me voltarei para vós!”, convoca o SENHOR dos Exércitos.	3Yithi ke kubo: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Buyelani kum,’ nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo onamadla onke, ‘nam ke ndobuyela kuni,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.
4 “Não sejais como os vossos pais e antepassados aos quais os antigos profetas pregaram: ‘Assim diz o SENHOR dos Exércitos: Abandonai os vossos maus caminhos e as vossas más atitudes!’ Contudo, eles não me ouviram, nem sequer me dispensaram atenção.” Reclama Yahweh.	4Sanukuhamba ekhondweni looyihlo-mkhulu, bona babexelelwa ngabashumayeli bamandulo besithi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Guqukani kwiindlela zenu zobubi, nahlukane nemisebenzi yobugwenxa. Kambe ke abazange bandiphulaphule, bengazange bandithobele,’ utsho uNdikhoyo.
5 “Agora, portanto, onde estão os vossos antepassados? E os profetas, porventura, vivem eles para sempre?	5Ngoku ke baphi ooyihlo abo? Bona abashumayeli baphila ngonaphakade na?
6 No entanto, a minha Palavra e todos os meus conselhos e decretos, que ordenei aos meus servos, os profetas, alcançaram os vossos antepassados e os moveram a converter-se e a confessar: ‘Eis que Yahweh dos Exércitos fez conosco o que nossos maus caminhos e práticas malignas mereciam, tudo conforme profetizou!’”	6Kodwa ke, andithi amazwi am ngokunjalo nemimiselo yam endandiyithume izicaka zam abashumayeli yabafumana ooyihlo-mkhulu abo? “Kaloku ke bazisola bathi: ‘Ngenene uNdikhoyo onamandla onke usiphethe ngokweendlela zethu; usivuze ngokwemisebenzi yethu, njengoko wayezimisele ukwenjenjalo.’ ”
A primeira visão: os cavalos	**Umbono wamahashe**

[7] No vigésimo quarto dia do décimo primeiro mês, o mês de Shebât, Vara, isto é, entre janeiro e fevereiro, no segundo ano do império do rei Dario, veio a Palavra do SENHOR ao profeta Zacarias, filho de Berequias e neto de Ido.

[7]Ngomhla wamashumi amabini anesine kwinyanga yeshumi elinanye, nyanga leyo ekuthiwa nguShebhati, kwakuloo nyaka wesibini wolawulo lukaDariyo, ilizwi likaNdikhoyo lamfikela umshumayeli uZakariya unyana kaBherekiya unyana kaIdo.

[8] Durante a noite tive uma visão: surgiu na minha frente um anjo montado num cavalo vermelho. Ele estava parado entre as moitas num grande vale. E, atrás dele estavam montados outros anjos, e seus cavalos eram vermelhos, marrons e brancos.

[8]Ndasuka ndaba nombono ebusuku: Phambi kwam ndabona umfo ekhwele ihashe elibomvu. Wayemi engxingweni phakathi kwemithi yemetile. Emva kwakhe kwakukho amanye amahashe, abomvu, amfusa, namhlophe.

[9] Imediatamente indaguei: Quem são estes, meu senhor? Então outro anjo que falava comigo respondeu: “Eu lhe revelarei quem são.”

[9]Ndaza ke ndathi: “Ithetha ntoni le nto, nkosi yam?” Isithunywa eso ebesithetha nam sathi: “Ndiza kukubonisa intsingiselo yezi zinto.”

[10] Então, o anjo que estava entre as moitas deu a seguinte interpretação: “Eis que são aqueles que Yahweh enviou por toda a terra!”

[10]Ke loo mfo umi phakathi kwemithi yemetile waphendula wathi: “Aba ngabathunywe nguNdikhoyo ukulityhutyha ihlabathi liphela.”

[11] E eles relataram ao Anjo do SENHOR que estava entre as moitas: “Percorremos toda a terra e a vimos toda tranquila e em descanso!”

[11]Banika ingxelo kweso sithunywa sikaNdikhoyo siphakathi kwemithi yemetile, bathi: “Silityhutyhile ihlabathi lonke, saza salifumana lizole nzwanga.”

[12] Diante do que o Anjo do SENHOR replicou: “Ó Yahweh dos Exércitos, até quando não olharás com misericórdia para Jerusalém e para com as cidades de Judá, com as quais estas indignado há setenta anos?”

[12]Ke isithunywa sikaNdikhoyo sathi: “Ndikhoyo onamandla onke, koda kube nini ungenaluvelwano neJerusalem needolophu zakwaJuda owaziqumbelayo le minyaka ingamashumi asixhenxe?”

[13] Então Yahweh respondeu palavras de conforto e encorajamento ao anjo que falava comigo.

[13]UNdikhoyo ke wasiphendula ngamazwi obulali nentuthuzelo eso sithunywa sasithetha nam.

[14] E o anjo me orientou: “Exclama diante de todos: Assim diz Yahweh dos Exércitos: ‘Eu

[14]Isithunywa eso ke esasithetha nam sathi: “Lubhengeze olu daba uthi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi:

tenho sido muito zeloso com Jerusalém e Sião.

[15] Contudo, estou muito indignado contra as nações que se sentem inabaláveis. Eis que Eu vinha irritado com o meu povo, mas elas conseguiram piorar em muito a dor do meu povo e o meu sofrimento!’

[16] Portanto, eis o que diz Yahweh: ‘Estou voltando a minha face para Jerusalém e o meu coração está repleto de misericórdia. Ali minha Casa será reedificada. Eis que a corda de medir será estendida sobre Jerusalém!’ avisa o SENHOR dos Exércitos.

[17] “E diga mais: Assim diz Yahweh dos Exércitos: ‘As minhas cidades transbordarão de prosperidade novamente, e o Eterno voltará a consolar Tsión, Sião e a preferir Jerusalém!’

A segunda visão: os quatro chifres e os quatro ferreiros

[18] Em seguida, eis que olhei para o alto e vi algo como quatro chifres.

[19] Então perguntei ao anjo que interpretava a visão e falava comigo: O que significa isso? E ele replicou: “São os chifres que espalharam Judá, Israel e Jerusalém!”

[20] Logo após, Yahweh fez-me ver quatro artesãos.

[21] E eu de novo indaguei: O que estes vêm realizar? Ele esclareceu: “Ali estão os chifres que dispersaram Judá ao ponto de ninguém conseguir sequer erguer a cabeça, mas os artesãos vieram aterrorizar e quebrar todo o poder desses chifres das nações que se levantaram contra o povo de Judá para dominá-los e espalhá-los!”

‘Ndinekhwele elikhulu ngeJerusalem neZiyon.

[15]Kambe ke ndiziqumbele kakhulu izizwe ezixhamla ulonwabo. Bendingaqumbanga kakhulu, kodwa zona zisuke zayongezelela inkxwaleko.’

[16]“Ngoko ke utsho uNdikhoyo ukuthi: ‘IJerusalem ndiza kuyivelela ngenceba, ibuye yakhiwe indlu yam khona,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke. ‘Ewe, intambo yokulinganisa iza kolulwa phezu kweJerusalem.’

[17]Phinda ubhengeze uthi: Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: ‘Iidolophu zam ziya kuphinda ziphuphume yinkqubela, iZiyon ndibuye ndiyithuthuzele mna Ndikhoyo, ndiyichonge iJerusalem.’ ”

Umbono weempondo

[18]Ndathi ndakukhangela ndabona nazo iimpondo ezine phambi kwam.

[19]Ndabuza kweso sithunywa sasithetha nam ndathi: “Yintoni intsingiselo yazo?” Saphendula sathi: “Ezi zezi mpondo zachitha-chitha uJuda noSirayeli neJerusalem.”

[20]Ke kaloku uNdikhoyo wandibonisa iingcibi ezine,

[21]ndaza ke ndathi: “Ezi ngcibi zize kwenza ntoni na?” Waphendula wathi: “Ezi mpondo ngabo bachitha-chitha uJuda kangangokuba kungabikho bani unokuphakamisa intloko yakhe. Kambe ke iingcibi ezi zize kubarhwaqelisa; ziza kuzaphula iimpondo izizwe ezalifaka uphondo ilizwe lakwaJuda, labachitha-chitha abemi balo.”

Zacarias 2

A terceira visão: Jerusalém é medida

[1] Eis que olhei outra vez e vi um homem que tinha na mão uma corda de medir.

[2] Então lhe indaguei: “Para onde vais?” E ele replicou: “Vou medir qual é a largura e o comprimento da cidade de Jerusalém!”

[3] Então o anjo que falava comigo retirou-se, e outro anjo foi ao seu encontro,

[4] e lhe avisou: “Corre, fala a este jovem: Jerusalém será habitada como os povoados sem muros de proteção, por causa da sua incontável quantidade de habitantes, tanto seres humanos como animais.

[5] Porquanto, eis que Yahweh assegura: “Eu mesmo serei um muro de fogo ao seu redor e serei o Kâbôd, a Glória, no meio da Cidade!”

[6] “Cuidado! Atentai ao que vos previno! Fugi agora mesmo das terras do Norte!” Adverte o SENHOR, “porque Eu vos espalhei aos quatro ventos da terra!” Afirma Yahweh.

[7] Escapai, ó Tsión, Sião, vós todos que habitais na filha, cidade de Babilônia!

[8] Sendo assim, declara Yahweh dos Exércitos: ‘Ele me enviou para buscar a sua Glória entre as nações que vos saquearam, porquanto qualquer que tocar em vós, fere a menina dos olhos de Deus!’

[9] Em verdade, eis que levantarei a minha mão contra as nações de forma que serão espólio para os seus servos. E então sabereis todos vós que Yahweh, o SENHOR dos Exércitos me enviou.

UZakariya 2

Umbono wentambo yokulinganisa

[1]Ndaphinda ndathi ndakukhangela ndabona nanko umfo phambi kwam ephethe esandleni sakhe intambo yokulinganisa.

[2]Ndaza ndathi: “Uya phi?” Ke yena wathi kum: “Ndiza kulinganisa iJerusalem, ndifumanise ububanzi nobude bayo.”

[3]Semka ke eso sithunywa sasithetha nam, saza sahlangatyezwa sesinye,

[4]sathi kuso: “Sukelisa, uthethe nalaa mfana, uthi: ‘IJerusalem iza kuba sisixeko esingabiyelwanga, kuba yoba nabantu abaninzi gqitha ndawonye nempahla yabo.

[5]Ndim ngokwam oya kuba ludonga lwayo lomlilo ndiyijikeleze, ubungangamsha bam bube ngaphakathi kwayo.’ Nguwo lowo umlomo kaNdikhoyo.”

[6]“Hoyinaa! Sabani ezweni langasentla,” utsho uNdikhoyo. “Kaloku ndinichitha-chithele kumacala omane ehlabathi,” utsho uNdikhoyo.

[7]“Ewe, yiza, Ziyon! Balekani, nina enihlala eBhabheli.”

[8]Kaloku uNdikhoyo onamandla onke ondigunyazise wandithuma kwizizwe ezanixhaphazayo, uthethe wathi: “Nabani na onichukumisayo uchukumisa ukhozo lweliso lwam.

[9]Ndosuka ndiziheshe ezo zizwe ngesandla sam, ibe zizo ezixhatshazwa ngamakhoboka azo. Ke kaloku notsho niqonde ukuba nguNdikhoyo onamandla onke ondithumileyo.”

[10] Canta e rejubila-te, ó filha de Sião; pois Eu venho e habitarei no meio de ti!" Garante o SENHOR.

[11] E, naquele grandioso Dia, muitas nações se unirão a Yahweh, se tornarão o meu povo. E tu serás a minha habitação e reconhecerás que o Eterno, o SENHOR dos Exércitos me enviou a ti!

[12] Então Yahweh herdará Judá como sua porção na Terra Santa e escolherá de novo Jerusalém!

[13] Aquietai-vos todos vós perante Yahweh, o SENHOR, porquanto ele se levantou de sua Santa Habitação!"

Zacarias 3

A quarta visão: o sumo sacerdote é acusado por Satanás e justificado por Deus

[1] Logo em seguida, Deus me fez ver o Grande Sacerdote Josué, que posicionava-se em pé, em frente ao Anjo de Yahweh, o SENHOR. E 'Sâtãn, Satanás, o Adversário estava à direita de Josué, pronto para acusá-lo.

[2] Mas o Anjo do SENHOR ordenou a Satanás: "Que Yahweh te gâ'ar, repreenda, Satanás! Sim, o SENHOR que escolheu Jerusalém te condene! Ora, vê este homem! Não parece um pedaço de lenha meio queimada recém saído do fogo?"

[3] Ora, Josué, vestido de roupas impuras, estava em pé diante do Anjo.

[4] Então o Anjo ordenou aos que estavam diante dele: "Tirai-lhe as vestes impuras!" E disse a Josué: "Vê! Eis que Eu tirei de ti o

[10]"Memeza ugcobe, ntombi eyiZiyon, kuba ndiyeza, ndaye ndiza kuhlala apho kuwe," utsho uNdikhoyo.

[11]"Ngaloo mini izizwe ezininzi ziya kubandakanywa noNdikhoyo, zibe ngabantu bam. Ndiya kuhlala phakathi kwenu, nani nitsho niqonde ukuba nguNdikhoyo onamandla onke ondithumileyo.

[12]UJuda uya kuba lilifa nesabelo sikaNdikhoyo apha kulo mhlaba ungcwele, aze abuye ayichonge iJerusalem.

[13]Yithini cwaka phambi koNdikhoyo, nonke bantu behlabathi; kaloku yena ngoku uvukile ekhayeni lakhe elingcwele."

UZakariya 3

Umbono wombingeleli omkhulu

[1]Ke kaloku wandibonisa umbingeleli omkhulu uYoshuwa emi phambi kwesithunywa sikaNdikhoyo; yena uSathana emi ngasekunene kwakhe eza kummangalela.

[2]UNdikhoyo ke uthe kuSathana: "NdinguNdikhoyo nje ndiyakukhalimela, Sathana! Ewe, ndinguNdikhoyo onyule iJerusalem nje ndiyakukhalimela! Kaloku lo mfo ufana nesikhuni esixhwilwe emlilweni."

[3]Ngoko ami phambi kwesithunywa uYoshuwa wayenxibe iimpahla ezingcolileyo.

[4]Isithunywa ke sathetha nâbo babemi phambi kwaso sathi: "Mkhululeni ezo mphala zingcolileyo." Sabhekisa kuYoshuwa ke sathi: "Uyabona ke,

teu pecado, e te vesti com roupas de grande nobreza!”

5 E acrescentou: “Ponham-lhe um turbante purificado sobre a cabeça. E colocaram um turbante limpo na cabeça e o vestiram; e o Anjo de Yahweh permaneceu ali, observando tudo.

6 Então o Anjo do SENHOR declarou a Josué:

7 “Assim diz Yahweh dos Exércitos: ‘Se andares nos meus caminhos e seguires as minhas normas, serás juiz na minha Casa e também cuidarás dos meus átrios, e te darei lugar entre os que aqui estão.

8 Portanto, ouve Josué, sumo sacerdote, tu e os teus companheiros que se assentam diante de ti, porque são homens que simbolizam eventos futuros. Eis que Eu trarei o meu servo, Tsemach, o Renovo!

9 Porquanto aqui está Rocha que coloquei diante de Josué; sobre esta ‘Eben, pedra única, preciosa e de prumo, estão sete pares de olhos. Nela gravarei e retirarei a malignidade desta terra num só dia!’ Garante o SENHOR dos Exércitos.

10 E assim, ‘naquele dia’, declara o Eterno dos Exércitos, ‘cada um de vós convidará o seu próximo para assentar-se em paz debaixo da sua videira e debaixo da sua figueira’”

Zacarias 4

A quinta visão: o castiçal de ouro e as sete lâmpadas

ndibususile ubugwenxa bakho; ndaye ke ndiza kukunxiba iimpahla zexabiso.”

5Mna ke ndathi: “Mabamthwalise entloko iqhiya ecocekileyo.” Baza ke bamthwalisa iqhiya ecocekileyo, baza bamnxibisa iimpahla, isithunywa sikaNdikhoyo sisemi njalo.

6Ke kaloku isithunywa sikaNdikhoyo samthembisa sathi:

7“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ukuba uthe wahamba ngeendlela zam, wayithobela imimiselo yam, indlu yam iya kulawulwa nguwe, ngokunjalo neenkundla zam zibe phantsi kwakho; kananjalo ke nawe uya kuba nendawo phakathi kwaba bemi apha.

8“ ‘Yoshuwa, mbingeleli omkhulu, phulaphula, beve nabo oogxa bakho abakungqongileyo; abo bangumqondiso wezinto ezizayo. Kaloku ndiya kuvelisa ihlumelo elisisicaka sam.

9Uyabona ke ndibeke ilitye phambi koYoshuwa, litye elo elinamehlo asixhenxe kulo. Kulo ke ndiya kukrola umbhalo, isono seli lizwe ndisisuse ngamini-nye,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.”

10“UNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Ngaloo mini nonke ngabanye elowo uya kumema ummelwane wakhe, ahlale naye phantsi komdiliya noba ngumkhiwane.’ ”

UZakariya 4

Umbono wesiphatho sezibane nemithi yomnquma

[1] O anjo que havia falado comigo retornou e me acordou, como se desperta alguém que está com muito sono;

[2] e me indagou: “Que vês?” Ao que respondi: “Vejo a Menôrah, um lindo Candelabro, todo em ouro maciço, e com um recipiente para azeite na parte superior, com sete lâmpadas e sete tubos que se unem às lâmpadas que estão colocadas em cima dele.

[3] Há também duas oliveiras junto ao recipiente, uma à direita e outra à esquerda.

[4] Então indaguei ao anjo que falava comigo: “Meu senhor, qual o significado dessa visão?”

[5] Diante do que ele me questionou: “Não sabes o que é isso?” E eu repliquei: “Não, meu senhor!”

[6] Então ele me explicou: “Esta é a Palavra do SENHOR a ser entregue a Zorobabel: ‘Não por força nem mediante a violência, mas pelo poder do meu Espírito!’, afirma o Eterno dos Exércitos.

[7] Quem pensas que és, ó monte majestoso? Diante de Zorobabel te tornarás uma campina, e ele trará a Pedra angular, principal, aos brados de: ‘Khane, Favor! Graça!’”

[8] Então Yahweh falou comigo nestes termos:

[9] “As mãos de Zorobabel lançaram os alicerces deste Bayith, Casa; e, certamente, suas mãos completarão o final da obra.

[1]Esaa sithunywa sasithetha nam sabuya seza sandivusa njengomntu ovuswa ebuthongweni bakhe,

[2]sathi kum: “Ubona ntoni?” Ndaza ndathi: “Ndibona isiphatho sezibane esenziwe ngegolide. Entloko sinesitya nezibane ezisixhenxe ezinxityelelwe yimibhobho esixhenxe.

[3]Kanjalo esi sibane sixhakwe ngasekunene nangasekhohlo yimithi emibini yomnquma.”

[4]Ndabuza kweso sithunywa sasithetha nam, ndathi: “Ziyintoni na ezi zinto, nkosi yam?”

[5]Ke isithunywa esasithetha nam saphendula sathi: “Awuzazi na ukuba ziyintoni ezi zinto?” Ndaza ndathi: “Hayi, nkosi yam.”

[6]Ke sona sathi kum: “Eli lilizwi likaNdikhoyo kuZerubhabheli:‘Akungabukroti, kungengawo namandla, kodwa kungoMoya wam kuphela,’ utsho uNdikhoyo onamandla onke.

[7]“Kuxa uyintoni, wena ntaba iphakamileyo? Phambi koZerubhabheli wosuka ube njengethafa. Uya kubeka ilitye lokugqibela ekwakhiweni kwendlu kaThixo, abantu bekhwaza besithi: ‘Thamsanqela! Thamsanqela, Thixo!’ ”

[8]Ke kaloku ndafikelwa lilizwi likaNdikhoyo lisithi:

[9]“Izandla zikaZerubhabheli zisibekile isiseko sendlu kaThixo; ikwazizandla zakhe eziya kuyiphetha. Nawe uya kutsho uqonde

Assim todos saberão que o SENHOR dos Exércitos me enviou a vós!

[10] Porquanto aqueles que acham insignificantes os dias dos pequenos trabalhos ficarão agradavelmente surpresos ao verem a Pedra principal, o Prumo, nas mãos de Zorobabel. Então Deus me revelou: "Eis que estas sete lâmpadas representam os sete pares de olhos do SENHOR, que percorrem toda a terra sem cessar!"

[11] Em seguida perguntei ao anjo: Qual o sentido das oliveiras à direita e à esquerda do candelabro?

[12] E ainda acrescentei outra questão: E o que significam estes dois ramos de oliveira ao lado dos dois tubos de ouro que derramam azeite dourado?

[13] Ao que ele me questionou: "Não sabes o que tudo isso quer dizer?" E eu confirmei: "Não, meu senhor!"

[14] Então ele me explicou: "Estes são dois homens ungidos para trazer o óleo santo e servir ao 'Adôni, o Soberano, do mundo inteiro!"

Zacarias 5

A sexta visão: o rolo voante

[1] Tornei a levantar os olhos e eis que observei um livro em forma de rolo de pergaminho que voava.

[2] E o anjo me questionou: "Que vês?" Eu repliquei: Vejo um grande rolo de pergaminho que flutua no ar, medindo vinte por dez côvados, isto é, nove metros de comprimento por quatro e meio de largura.

[3] Então ele me revelou: "Eis que neste pergaminho está escrita a maldição que será derramada sobre toda a face da terra,

ukuba uNdikhoyo onamandla onke nguye ondithumileyo kuwe.

[10]Ngubani owudelelayo umhla ongenaziganeko zingako? Kambe baya kuvuya bakubona uZerubhabheli ephethe isixhobo sokulungelelanisa. Ezi zibane zisixhenxe ngamehlo kaNdikhoyo ajonga ihlabathi lonke jikelele. "

[11]Ndasibuza ke isithunywa eso ndathi: "Yeyani le minquma mibiniixhake isiphatho sezibane ngasekhohlo nangasekunene?"

[12]Kwakhona ndabuza ndathi: "Ngawani la masebe mabini omnquma asecaleni kwale mibhobho mibini yegolide iphokoka ioyile ebugolide?"

[13]Siphendule sisithi: "Awuzazi na ezi zinto?" Ndathi: "Hayi, nkosi yam."

[14]Saza ke sona sathi: "Aba ngabo babini bathanjiselwe ukukhonza iNkosi yehlabathi jikelele."

UZakariya 5

Umbono womqulu ophaphazelayo

[1]Ndithe ndakukhangela ndabona nanko umqulu uphaphazela.

[2]Isithunywa sandibuza sathi: "Ubona ntoni?" Ke mna ndithe: "Ndibona umqulu ophaphazelayo. Umalunga neemitha ezilithoba ubude, neemitha ezine ezinesiqingatha ububanzi."

[3]Saza sathi kum: "Esi sisiqalekiso esijinga phezu kwawo wonke umhlaba. Kwelinye icala kubhalwe kwathiwa wonke umntu

porque tanto o ladrão como o que jura falsamente serão expulsos, conforme essa praga."

[4] Assim afirma o Eterno Todo-Poderoso: 'Eu lancei essa maldição para que ela entre na moradia do ladrão e na casa do que jura falsamente pelo meu Nome! Ela permanecerá nas casas dessas pessoas até que estejam completamente destruídas; e não restarão nem vigas de madeira nem pedras.

A sétima visão: a mulher e o efa

[5] Logo em seguida o anjo que conversava comigo adiantou-se e me orientou: "Ergue agora os teus olhos e observa o que é isto que vem surgindo!"

[6] Então indaguei sobre o que era aquilo, e ele me esclareceu: "Ora, é um efa, um cesto de medir!" E acrescentou: "E ele representa o conteúdo do pecado de toda a terra!"

[7] E notei que uma grande tampa de chumbo foi retirada, e dentro do cesto estava sentada uma mulher.

[8] E o anjo explicou: "Esta é, pois, a Rish'âh, Perversidade!" E a empurrou para dentro do enorme cesto e a fechou outra vez com a tampa de chumbo.

[9] De novo levantei meus olhos e observei que se aproximavam bem à minha frente duas mulheres com asas como de cegonha; o forte vento arremessou suas asas, e elas ergueram o cesto entre o céu e a terra.

[10] Indaguei ao anjo: Para onde estão levando o cesto?

olisela uza kugxothwa angabikho. Kanti ke kwelinye kuthiwa wonke umntu ofunga exoka uza kugxothwa angabikho.

[4]UNdikhoyo onamandla onke uthi: 'Ndiza kusikhupha esi siqalekiso size singene emzini walowo ulisela, nakuwo umzi walowo ufunga igama lam exoka. Siya kuhlala apho emzini wakhe, siwutshabalalise kunye nezinti zawo namatye awo.' "

Umbono womfazi osebhaskitini

[5]Siphinde sathi gqi isithunywa ebesithetha nam, sathi kum: "Khangela, kukho nenye into evelayo."

[6]Ndaza ndathi: "Yintoni na?" Siphendule sathi: "Yibhaskiti leya ivelayo." Saza sathi: "Iqulethe isono sabantu ehlabathini lonke."

[7]Eso sivalo sayo selothe saphakama, kwathi kanti apho ngaphakathi kuhleli umfazi.

[8]Isithunywa sathi: "Lo mfazi umele inkohlakalo." Saza ke samtyhiliza sambuyisela ebhaskitini, savala.

[9]Ndakukhangela ke ndabona apho phambi kwam abafazi ababini bephaphazela ngamaphiko abo emoyeni; ewe, babetsho ngamaphiko ngathi yingwamza. Bayichola loo bhaskiti, baphaphazela nayo esibhakabhakeni.

[10]Ndabuza ke apho kweso sithunywa sasithetha nam, ndathi: "Ngaba bayisa phi ibhaskiti leyo?"

[11] E ele prontamente replicou: "Para Shi'nâr, o país dos dois rios, isto é, a Babilônia. Lá lhe construirão um santuário; e, quando esse templo estiver pronto, o cesto será depositado ali, em seu pedestal."

Zacarias 6

A oitava visão: os quatro carros

[1] Uma vez mais levantei o olhar e avistei quatro carruagens de saíam dentre dois montes, e esses montes eram montes de bronze.

[2] Na primeira carruagem estavam atrelados cavalos vermelhos, e à segunda, cavalos pretos;

[3] na terceira, cavalos brancos, e à quarta carruagem, cavalos malhados; e todos eram muito fortes.

[4] Então indaguei ao anjo que me esclarecia: Que são estes, meu Senhor?

[5] O anjo explicou: "Eis que estes são os quatro ventos do céu que partem da presença de 'Adôn, o Soberano de toda a terra.

[6] A carruagem puxada pelos cavalos pretos vai em direção às terras do Norte, a que tem cavalos brancos parte em seguida na direção Oeste, para o Ocidente; e a que tem cavalos baios, ruma para a terra do Sul."

[7] Os grandes e vigorosos cavalos avançavam ansiosos por percorrer a terra. Então o anjo lhes ordenou: "Ide agora, e percorrei toda a terra!" E eles partiram.

[8] Em seguida o anjo me chamou, dizendo: "Vê, os que foram para as terras do Norte

[11]Saphendula sathi: "Bayisa ezweni laseShinare apho iza kwakhelwa indlu khona. Xa seyigqityiwe ukwakhiwa loo ndlu, le bhaskiti iya kubekwa apho kwisiza sayo."

UZakariya 6

Umbono weenqwelo zokulwa ezine

[1]Ndiphindile ke kwakhona ndakhangela ndabona iinqwelo ezine zokulwa ziphuma phakathi kweentaba ezimbini, ntaba ezo zizezobhedu.

[2]Le yokuqala yayitsalwa ngamahashe abomvu, eyesibini itsalwa ngamahashe amnyama,

[3]eyesithathu ke ingamahashe amhlophe,kanti ke le yesine yayitsalwa ngamahashe amvubo-mazimba.

[4]Ndabuza apho kweso sithunywa sasithetha nam ndathi: "Nkosi yam, ngaba zithetha ntoni ezi zinto?"

[5]Isithunywa siphendule sathi kum: "Le yimimoya emine esuka phambi kweNkosi yehlabathi liphela.

[6]Laa nqwelo itsalwa ngamahashe amnyama iya kwelasentla, le yamahashe amhlophe ibheka ngasentshona, ize le yamahashe amvubo iye kwelasezantsi."

[7]La amvubo wona ayengasaziva selengxamele ukutyhutyha ihlabathi lonke. Isithunywa ke sathi kuwo: "Hambani nilityhutyhe ihlabathi lonke." Aza ke alihamba lonke ihlabathi.

[8]Ke kaloku sabhekisa kum sathi: "Laa mahashe aye kwelasentla asa uMoya wam khona."

fazem o meu Espírito apaziguar-se em relação a essa região.”

As coroas na cabeça de Josué. O Renovo

9 E a Palavra de Yahweh veio a mim de novo, com a seguinte ordem:

10 “Toma prata e ouro dos cativos Heldai, Tobias e Jedaías, que chegaram da Babilônia. No mesmo dia, vai à casa de Josias, filho de Sofonias,

11 pega a prata e o ouro, faz uma ‘ätârah, coroa sagrada, e coloca-a sobre a cabeça do Grande Sacerdote Yehôshua’ ben Yehôtsadak, Josué filho de Jeozadaque;

12 e profetiza-lhe que assim afirma Yahweh, o SENHOR dos Exércitos: Eis que aqui está o homem cujo Nome é Tsemach, Renovo; ele partirá do seu lugar para edificar a Casa de Yahweh!

13 Ele, pessoalmente, construirá o Templo do SENHOR, será revestido de majestade e se assentará em seu Kissêh, Trono, para governar toda a terra. Ele será sacerdote no Trono. E haverá perfeita paz entre os dois.

14 A coroa será para Heldai, Tobias, Jedaías e Hem, o Bondoso, filho de Sofonias, como um memorial na Casa de Yahweh.

15 Grande quantidade de pessoas virá de longe e ajudará a edificar o Templo do SENHOR. Então reconhecereis que o Eterno Todo-Poderoso me enviou para vos trazer esse anúncio. Isso só ocorrerá se agirdes com shâma’, obediência cuidadosa e fiel, à voz de Yahweh, o SENHOR vosso Elohim, Deus.

Zacarias 7

Isithsaba sikaYoshuwa

9Ilizwi likaNdikhoyo lafika kum lathi:

10“Thatha ezaa zipho zivela kubathinjwa ababuye eBhabheli, uHeledayi, uTobhiya, noYedaya, uye nazo kwangaloo mini kwindlu kaYosiya unyana kaZefaniya.

11Ngaloo golide nesiliva bayinikeleyo yenza isithsaba, uthwese umbingeleli omkhulu uYoshuwa unyana kaYozadaki.

12Mxelele ukuba uNdikhoyo onamandla onke uthi: ‘Umfo ekuthiwa lihlumelo uya kuhluma kule ndawo, ayivuse indlu kaNdikhoyo.

13Ewe, nguye oya kuyakha indlu kaNdikhoyo, aze avathiswe ngobuhandiba, ahlale esihlalweni, alawule, abe ngumbingeleli apho esihlalweni sakhe. Ke kobakho imvisiswano phakathi kwesi sibini.’

14Ke isithsaba siya kunikezelwa kuHeledayi, noTobhiya, noYedaya, kunye noHelem unyana kaZefaniya, ibe sisikhumbuzo endlwini kaNdikhoyo.

15Abantu abahlala kwelikude baya kuza baze bancedise ekwakheni indlu kaNdikhoyo. Kwakuba njalo ke uya kuqonda ukuba ngenene uNdikhoyo onamandla onke undithumile kuwe. Le nto ke iya kwenzeka ukuba ulithobele ngenyameko izwi likaNdikhoyo uThixo wakho.”

UZakariya 7

O jejum que não agrada a Deus

1 No dia quatro do mês nove, chamado Kislêv, entre novembro e dezembro; no quarto ano do império do rei Dario, o SENHOR Deus entregou uma mensagem ao profeta Zacarias.

2 Foi na época em que o povo de Betel enviou Sarezer e Regém-Meleque com seus homens, a fim de rogarem a Yahweh,

3 com a seguinte indagação aos sacerdotes do Templo do SENHOR Todo-Poderoso e aos profetas: "Devemos lamentar, chorar e jejuar durante todo quinto mês do ano, lembrando o mês em que o Templo foi destruído, como temos feito ha décadas?

4 Então a Palavra de Yahweh dos Exércitos veio a mim, dizendo:

5 "Questiona a todo o povo desta terra e aos sacerdotes: Quando jejuastes e panteastes, no quinto e no sétimo mês, durante estes setenta anos, foi de fato para mim que jejuastes?

6 E quando comeis e bebeis, não é para vós mesmos que comeis e bebeis?

7 Não foram estas as palavras que Yahweh proclamou por meio dos antigos profetas, quando Jerusalém era próspera e habitada, com suas cidades ao redor, e quando o Neguebe, toda a região sul, e a Sefelá, as planícies costeiras de Judá, eram habitadas?

8 E a Palavra do SENHOR veio outra vez a Zacarias nos seguintes termos:

Okufunekayo kukunyaniseka ngaphezu kokuzila ukutya

1Ke kaloku ilizwi likaNdikhoyo lafikela uZakariya ngomhla wesine kwinyanga yethoba uKislevu, kunyaka wesine wolawulo lukakumkani uDariyo.

2Abantu baseBhetele bathumela uSherezere noRegem-meleki namanye amadoda ukuba baye endlwini kaNdikhoyo, bathandazele intsikelelo kaNdikhoyo,

3babuze kubabingeleli bendlu kaNdikhoyo onamandla onke nakubashumayeli, bathi: "Ngaba kusafuneka siqhubele phambili silile, sizile nokutya na, nangale yesihlanu inyanga, njengoko siqhele ukwenza iminyaka ngeminyaka?"

4Ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke lafika kum lisithi:

5"Baxelele bonke abantu beli lizwe, ngokunjalo nababingeleli, uthi: 'Ngokuya benizila ukutya nilila kwinyanga yesihlanu neyesixhenxe, kule minyaka imashumi asixhenxe idlulileyo, ngaba benizila ukutya nizilela mna ngqo?

6Xa benisitya nisela beningenzeli ezenu iziqu isidlo?

7Asingawo la amazwi kaNdikhoyo awabhengezwa ngabashumayeli bamandulo, xenikweni iJerusalem needolophu eziyingqongileyo bezimiwe ngabantu zinenkqubela, nditsho zona kunye nelasezantsi namathambeka asentshonalanga?' "

8Ilizwi likaNdikhoyo liphinde lafika kuZakariya lisithi:

[9] "Assim diz o SENHOR Todo-Poderoso: Praticai a justiça verdadeira, demonstrai amor misericordioso e compassivo, cada um para com seu próximo;

[10] e não oprimais a viúva, o órfão, o estrangeiro e o pobre; ninguém planeje no coração atitudes malignas contra o seu irmão.

[11] Eles, porém, não deram ouvidos, sequer aceitaram escutar, mas deram-me as costas e taparam os ouvidos para não escutar nenhuma das minhas palavras.

[12] Endureceram o coração e se negaram a ouvir a minha Torá, Lei, e as palavras que o SENHOR dos Exércitos havia falado, pelo seu Espírito, por intermédio dos antigos profetas. Por este motivo Eu me deixei tomar pela ira do meu zelo.

[13] E assim como eles não quiseram ouvir quando Eu falei, assim também Eu não vou escutar quando eles orarem e clamarem a mim! Sou Eu, Yahweh, o SENHOR Soberano quem está falando;

[14] mas espalhei-os com um vendaval entre todas as nações pagãs. Assim, a terra que deixaram para trás ficou devastada, de tal maneira que ninguém a atravessava; porque transformaram a terra amada e próspera num deserto estéril.

Zacarias 8

Bênçãos prometidas

[1] Mais uma vez veio a mim a Palavra de Yahweh Todo-Poderoso.

[2] Assim afirma o SENHOR dos Exércitos: "Tenho grande zelo e intenso cuidado para

[9]"Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: 'Wisani izigwebo ezinyanisekileyo, nenzelane ububele nenceba omnye nomnye.

[10]Musani ukubacinezela abahlolokazi neenkedama, ngokunjalo nabangeneleli kunye namahlwempu, ningayili ububi ezintliziyweni zenu omnye komnye.'

[11]"Kodwa zange bavume ukundiphulaphula, suka baneenkani, bandifulathela, neendlebe zabo bazivingca.

[12]Ewe, iintliziyo zabo zasuka zaba lukhuni okwenyengane, abavuma ukuwaphulaphula amazwi kaNdikhoyo onamandla onke, lawo wayewathumele ngoMoya wakhe kubashumayeli bamandulo. Ngoko ke uNdikhoyo onamandla onke waba nomsindo.

[13]"UNdikhoyo onamandla onke uthi: 'Ndathi ndakuthetha abaphulaphula; ngoko ke nabo bathi bakukhala andasabela.

[14]Ndasuka ndabachitha-chitha ngesaqhwithi, bathi saa ezizweni, baba ziimbacu. Ilizwe labo lasala libharhile, kungekho nomntu lo ongenayo nophumayo. Kwaba njalo ke ukulibharhisa kwabo ilizwe elihle.' "

UZakariya 8

Ukusikelelwa kweJerusalem

[1]Laphinda lafika ilizwi likaNdikhoyo onamandla onke lisithi:

[2]"Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: Ndinekhwele elikhulu ngeZiyon; ewe, ikhwele lam lishushu ngakuyo."

com Tsión, Sião, e estou me consumindo de ciúmes por ela!"

3 Assim, pois, declara o Eterno: "Estou retornando para Tsión, Sião, e tabernacularei no centro de Jerusalém. Então Jerusalém será chamada por todos de 'Iyr'Emeth, Cidade Verdade, e o monte de Yahweh dos Exércitos será conhecido como monte Kôdesh, Sagrado!"

4 Assim promete o SENHOR Soberano: "Homens e mulheres idosos ainda se sentarão nas praças de Jerusalém, cada qual com sua bengala na mão por causa da idade avançada.

5 E as ruas da cidade se encherão de meninos e meninas, que ali brincarão.

6 "Ainda que tudo isso pareça impossível para o remanescente deste povo naquele tempo, todavia será impossível para mim?" Afirma Yahweh dos Exércitos.

7 Assim garante o Eterno Soberano: "Salvarei minha gente, libertando-os das terras do Oriente e das terras do Ocidente.

8 Eis que Eu os trarei, e eles habitarão em Jerusalém; eles serão o meu povo, e Eu serei o seu Elohim, Deus, em 'emeth: verdade, lealdade e justiça!"

9 Assim diz Yahweh dos Exércitos: Fortalecei vossas mãos! Todos vós que ouvistes nestes dias estas palavras da boca dos profetas que estiveram presentes no dia em que foram lançado os alicerces do Templo do SENHOR Todo-Poderoso, para que fosse edificado.

3Utsho uNdikhoyo ukuthi: "Ndiza kubuyela eZiyon, ndime eJerusalem. IJerusalem kothiwa sisixeko senyaniso, ke yona intaba kaNdikhoyo onamandla onke kothiwa yintaba engcwele."

4Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Ezitalatweni kuya kubakho amaxhego namaxhegokazi atotobayo, elowo ephethe umsimelelo esandleni sakhe,

5kananjalo izitalato zizale ngamakhwenkwe namantombazana adlala kuzo."

6Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Inokubonakala ingummangaliso kumasalela abantu ngelo xesha, kodwa ingaba ingummangaliso na kum, mna Ndikhoyo onamandla onke?" Ewe, utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi:

7"Abantu bam ndiya kubahlangula kuloo mazwe asempuma nasentshona.

8Ewe, ndobabuyisa beze kuma eJerusalem. Bona baya kuba ngabantu bam, mna ndibe nguThixo wabo, ndinyaniseke kubo, ndibaphathe ngobulungisa."

9Utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Maziqine iingalo zenu, niyakhe indlu yonqulo, nina eniwevayo la mazwi athethwayo ngabashumayeli ababekho xa kwakubekwa isiseko sendlu kaNdikhoyo onamandla onke.

[10] Pois antes daqueles dias não havia salário para os homens, nem os animais de carga lhes rendiam qualquer ganho. Ninguém podia cuidar da sua vida e de seus negócios em paz e segurança por causa de seus adversários; porquanto Eu mesmo havia colocado cada pessoa contra o seu próximo.

[11] Mas hoje não mais agirei com o remanescente deste povo como fiz no passado!" Assegura o Eterno dos Exércitos.

[12] "Haverá, portanto, uma rica semeadura, a videira dará o seu fruto, a terra produzirá suas colheitas a seu tempo, e o céu derramará o orvalho necessário. E providenciarei todas essas bênçãos como um herança ao remanescente deste povo.

[13] Ó Casa de Judá e Casa de Israel, assim como fostes uma maldição para as nações, assim vos salvarei, e havereis de ser uma grande bênção; não temais, mas fortalecei as vossas mãos e sede corajosos!"

[14] E assim afirma Yahweh dos Exércitos: "Assim como planejei vos castigar sem compaixão quando vossos pais me provocaram ao extremo furor do zelo", diz o SENHOR Todo-Poderoso,

[15] "semelhantemente agora tomei a decisão de uma vez mais lhes ser favorável e fazer o bem a Jerusalém e a Judá. Sendo assim, nada temais!

[16] Eis, portanto, o que deveis fazer: Falai a verdade cada um com o seu próximo; julgai com sabedoria e paz nos tribunais;

[10]Ngaphambi kwelo xesha bekungekho mali yakuqesha mntu okanye silwanyana. Wonke umntu ohambayo ebesemngciphekweni weentshaba. Kaloku ndabenza abantu bonke elowo achasane nommelwane wakhe.

[11]Kambe ke ngoku amasalela abantu bam andiyi kuwaphatha njengoko ndênjenjalo mandulo," utsho uNdikhoyo onamandla onke.

[12]"Imbewu iya kukhula kakuhle, izidiliya zivelise iziqhamo, umhlaba unike isivuno, izulu lihlise umbethe. Zonke ke ezi zinto ndiya kuzinika zibe lilifa kumasalela aba bantu.

[13]Bantu bakwaJuda nakwaSirayeli, benisoloko nisisigculelo seentlanga, kodwa ke ngoku ndiza kunihlangula nitsho nibe yintsikelelo. Ngoko ke yomelelani, izandla zenu zingawi."

[14]Kaloku utsho uNdikhoyo onamandla onke ukuthi: "Ngokuya babendicaphukisile ooyihlo ndazimisela ukubazisela isithwakumbe. Ewe, zange ndiyijike loo nto ndada ndabe ndiyenzile," utsho uNdikhoyo onamandla onke.

[15]"Kambe ke ngoku ndizimisele ukuyenzela okulungileyo iJerusalem nendlu kaJuda. Ngoko ke musani ukoyika.

[16]Nazi ke izinto emanizenze: Thethani inyaniso omnye komnye. Gwebani ngobulungisa ezinkundleni zenu, nditsho ubulungisa obuzala uxolo.

[17] e ninguém trame em seu intimo o mal contra o próximo, tampouco ame o juramento falso nem a mentira; porquanto Eu rejeito todas essas malignidades!" Declara Yahweh.
[18] Então, novamente veio a mim a Palavra do SENHOR dos Exércitos, alertando,
[19] Assim diz Yahweh Soberano: "Os jejuns do quarto mês, bem como os do quinto, do sétimo e do décimo mês, de agora em diante, serão ocasiões festivas; alegres e cheias de júbilo. Encontros felizes para todo o povo de Judá. Por esta razão, amem a verdade e a paz!"
[20] Assim diz o SENHOR dos Exércitos: "Povos e moradores de muitas cidades ainda virão,

[21] e os habitantes de uma cidade irão a outra e convidarão: 'vamos depressa rogar o favor de Yahweh e buscar o SENHOR dos Exércitos; eu mesmo já estou a caminho!'

[22] E assim, muitos povos e nações poderosas virão buscar Yahweh Todo-Poderoso em Jerusalém e suplicar seu beneficio!"
[23] Assim, pois, profetiza Yahweh, o SENHOR dos Exércitos: "Eis que naqueles dias, dez homens de todas as línguas e nações agarrarão firmemente a barra das vestes de um judeu e exclamarão: 'Sim! Iremos convosco, porque temos ouvido que Elohim, Deus está convosco!'"

Zacarias 9

O castigo de diversos povos

[1] Eis a Palavra de Yahweh contra as terras de Hadraque, que atingirá Damasco, porquanto os olhos do SENHOR passeiam

[17]Sanukuceba amayelenqe ngabamelwane benu, ningakuthandi ukufunga ubuxoki. Kaloku mna ndizithiyile zonke ezi zinto," utsho uNdikhoyo.
[5]Konke okulungileyo abakwenzayo, bakwenzela ukuze babonwe ngabantu. Bawabopha ngemixwayo ebanzi amaqhaga anezicatshulwa zomthetho; bazenze nde iintshinga zezambatho zabo;

[6]bathande iindawo zamawonga ezidlweni, nezihlalo eziphambili ezindlwini zesikhungo;

[7]bathande ukuba kukhahlelwe kubo emabaleni embutho, bethanda nokuba abantu bathi kubo: 'Mfundisi!'

[8]Ke kuni ze kungathiwa 'mfundisi,' kuba mnye uMfundisi eninaye, nibe nina nonke niyimilowo.

[9]Ze ningabizi mntu emhlabeni apha ngokuthi nguyihlo, kuba mnye uYihlo, lowo ke usezulwini.

[10]Ngokukwanjalo ze kungàthiwa niziinkokheli, kuba mnye uMkhokeli wenu, uKrestu ke.

[11]Omkhulu kuni makabe sisicaka senu.

[12]Lowo uziphakamisayo uya kuthotywa, athi lowo uzithobayo aphakanyiswe."

UYesu ukhalimela abachazi-mthetho nabaFarasi
(Marko 12:40; Luka 11:39-42,44,52; 20:47)

[13]"Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Niyabathintela abantu ekulawulweni nguThixo, kuba nina ngokwenu anivumi ukulawulwa nguye, nize nibanqande nâbo bafuna ukulawulwa nguye.

[14] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque devorais as casas das viúvas e, para disfarçar, encenais longas orações. E, por isso, recebereis castigo ainda mais severo!

[15] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque viajais por mares e terras para fazer de alguém um prosélito. No entanto, uma vez convertido, o tornais duas vezes mais filho do inferno do que vós!

[16] Ai de vós, guias cegos! Porque ensinais: 'Se uma pessoa jurar pelo santuário, isso não tem significado; porém, se alguém jurar pelo ouro do santuário, fica obrigado a cumprir o que prometeu'.

[17] Tolos e cegos! Pois o que é mais importante: o ouro ou o santuário que santifica o ouro?

[18] E mais, dizeis: 'Se uma pessoa jurar pelo altar, isso nada significa; mas, se alguém jurar pela oferta que está sobre ele, fica, assim, comprometido ao seu juramento'.

[19] Embotados! O que é mais importante: a oferta, ou o altar que santifica a oferta?

[20] Portanto, a pessoa que jurar em nome do altar, jura pelo altar e por tudo o que está sobre ele.

[21] E quem jurar pelo santuário, jura pelo santuário e em nome daquele que nele habita.

[22] E aquele que jurar pelos céus, jura pelo trono de Deus e em nome daquele que nele está assentado.

[[14]"Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Niyayiphanga imizi yabahlolokazi, nize nihanahanise nitsho ngemilembelele yemithandazo. Ngenxa yoko niya kufumana esona sohlwayo sikhulu.]

[15]"Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nityhutyha ulwandle nomhlaba ukuze nizuze nokuba mnye ongenayo ebuJudeni; kuthi ke, nakuba nimzuzile, nimenze ofanelwe sisihogo ngokuphindiweyo kunani.

[16]"Mawoo, nina zinkokheli ziziimfama, nina enithi: 'Ofunge indlu kaThixo, akunto oko; kodwa ofunge igolide yendlu leyo, ubotshiwe sisifungo sakhe.'

[17]Zidengendini zeemfama, kanene yintoni na enkulu? Ngaba yigolide leyo, okanye yindlu eyenza ibaluleke loo golide?

[18]Kwakhona nithi: 'Ofunge iqonga lamadini, akunto oko; kodwa ofunge umnikelo ophezu kweqonga, ubotshiwe sisifungo sakhe.'

[19]Zimfamandini, ngaba yintoni na enkulu? Ngaba ngumnikelo lowo, okanye liqonga lamadini elenza ubaluleke loo mnikelo?

[20]Ngoko ke, othe wafunga iqonga lamadini, ufunga lona kwanako konke okuphezu kwalo;

[21]nalowo uthe wafunga indlu kaThixo, ufunga yona kwanalowo iyindlu yakhe.

[22]Othe wafunga izulu, ufunga ikomkhulu likaThixo, efunga lowo uphetheyo apho.

[23] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque dais o dízimo da hortelã, do endro e do cominho, mas tendes descuidado dos preceitos mais importantes da Lei: a justiça, a misericórdia e a fé. Deveis, sim, praticar estes preceitos, sem omitir aqueles!

[24] Líderes insensíveis! Pois coais o pequeno mosquito, mas engolis um camelo!

[25] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque limpais o exterior do copo e do prato, mas por dentro, estes estão repletos de avareza e cobiça.

[26] Fariseu que não enxerga! Limpa, antes de tudo, o interior do copo e do prato, para que da mesma forma, o exterior fique limpo!

[27] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque sois parecidos aos túmulos caiados: com bela aparência por fora, mas por dentro estão cheios de ossos de mortos e toda espécie de imundície!

[28] Assim também sois vós: exteriormente pareceis justos ao povo, mas vosso interior está repleto de falsidade e perversidade.

[29] Ai de vós, doutores da Lei e fariseus, hipócritas! Porque construís os sepulcros dos profetas, adornais os túmulos dos justos.

[23]“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Ninikela kuThixo ngesishumi sayo imifuno enjengetyeleba nedile nekumin, kanti niyazityeshela ezona zinto zizizo zomthetho: ubulungisa, inceba, nentembeko. Ezi zinto benimelwe kukuzenza, nithi neziya ningazityesheli.

[24]Zinkokhelindini eziziimfama, nihluza imbuzane, nisuke niginye isilo esingangenkamela.

[25]“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nihlamba umphandle wendebe nesitya, kanti ngaphakathi zizele kokufunyenwe ngokuphanga nokunyoluka.

[26]MFarasindini oyimfama, kuqala hlambulula umphakathi wendebe, wothi ke nomphandle ube uhlambulukile.

[27]“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nifana namangcwaba avetiweyo, ambonakalo intle, kanti ngaphakathi azele ngamathambo ezidumbu nako konke okungcolileyo.

[28]Ngokukwanjalo nani okunene nibonakala ebantwini ngathi ningamalungisa, kanti ngaphakathi ezintliziyweni nizele luhanahaniso nenkcaso-mthetho.”

UYesu uthetha ngesohlwayo sabachazi-mthetho nabaFarasi

(Luka 11:47-51)

[29]“Mawoo, nina bachazi-mthetho nani baFarasi, mamenemenendini! Nakha amangcwaba abashumayeli, nizihombise iindawo zokufihlwa kwamalungisa.

[30] E declarais: 'Se tivéssemos vivido na época dos nossos antepassados, não teríamos tomado parte com eles no assassinato dos profetas!'

[31] Dessa forma, porém, testemunhais contra vós mesmos que sois filhos dos que mataram os profetas.

[32] Acabai, pois, de encher a medida do pecado de vossos pais!

[33] Cobras venenosas, ninho de víboras! Como escapareis da condenação do inferno?

[34] Por isso, eis que Eu vos envio profetas, sábios e mestres. A uns assassinareis e crucificareis; a outros açoitareis nas vossas sinagogas e perseguireis de cidade em cidade.

[35] E, dessa maneira, sobre vós recairá todo o sangue justo derramado na terra, desde o sangue do justo Abel, até o sangue de Zacarias, filho de Baraquias, a quem matastes entre o santuário e o altar.

[36] Com toda a certeza vos asseguro, que tudo isso ocorrerá a esta geração".

O lamento sobre Jerusalém

[37] "Ó Jerusalém, Jerusalém, que assassinas os profetas e apedrejas os que te são enviados! Quantas vezes Eu quis reunir os teus filhos, como a galinha acolhe os seus pintinhos debaixo das suas asas, mas vós não o aceitastes!

[38] Eis que a vossa casa ficará abandonada!

[30]Nithi: 'Ukuba sasikho thina kwimihla yoobawo, ngesingahambisananga nabo ngokubulawa kwabashumayeli.'

[31]Ngokutsho nina ngokwenu niyangqina ukuba ningoonyana bâbo bababulalayo abashumayeli.

[32]Qhubelani phambili ke, nikufeze oko kwaqalwayo ngooyihlo.

[33]Zinyokandini, nzalandini yamarhamba, nothini na ukusinda ningàgwetyelwa isihogo?

[34]Ke ngoko, niyabona, ndonithumela abashumayeli, nezilumko, nabachazi-mthetho. Inxenye yabo niya kuyibulala, niyibethelele eminqamlezweni; inxenye niyikatse ezindlwini zenu zesikhungo, nibatshutshisa kwizixeko ngezixeko.

[35]Ngako oko lobizwa kuni igazi lawo onke amalungisa elithe laphalazwa emhlabeni, ukususela kwelika-Abheli olilungisa, kuse kwelikaZakariya, unyana kaBherekiya, enambulalela endlwini kaThixo phakathi kwengcwele neqonga lamadini.

[36]Ndithi kuni, inene, isohlwayo sazo zonke ezo zinto siya kuba phezu kwabantu besi sizukulwana."

UYesu usizela iJerusalem
(Luka 13:34-35)

[37]"Jerusalem, Jerusalem, wena mbulali wabashumayeli, ubaxuluba ngamatye abo bathunywe kuwe nguThixo! Kunini na ndifuna ukubawola abantu bakho ngokwesikhukukazi esigquma amantshontsho aso ngamaphiko, waza àwavuma!

[38]Niyabona ke, uThixo uyanifulathela nomzi wenu.

[39] Pois eu vos declaro que, a partir de agora, de modo algum me vereis, até que venhais a dizer: 'Bendito é o que vem em o Nome do Senhor!'"

Mateus 24

O sermão profético. O princípio das dores

[1] Então, Jesus saiu do templo e, ao caminhar, seus discípulos chegaram mais perto dele para lhe apontar as construções do templo.

[2] Ele, entretanto, lhes observou: "Estais vendo todas estas coisas? Com toda a certeza Eu vos afirmo que não ficará aqui pedra sobre pedra, pois que serão todas derrubadas".

[3] Tendo Jesus se assentado no monte das Oliveiras, os discípulos chegaram até Ele em particular e lhe pediram: "Dize-nos quando ocorrerão estas coisas? E qual será o sinal da tua vinda e do final dos tempos?"

[4] Então Jesus lhes revelou: "Cuidado, que ninguém vos seduza.

[5] Pois muitos são os que virão em meu nome, proclamando: 'Eu sou o Cristo!', e desencaminharão muitas pessoas.

[6] E vós ouvireis falar de guerras e rumores de guerras, todavia não vos desespereis, porque é preciso que tais coisas ocorram, mas ainda não será o fim.

[7] Porquanto, nação se levantará contra nação, e reino contra reino. Haverá fomes e terremotos em vários lugares.

[39]Ndithi kuni, ukususela ngoku anisayi kuba sandibona, de nithi: 'Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi.' "

UMatewu 24

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo

(Marko 13:1-2; Luka 21:5-6)

[1]Xa uYesu wayephuma endlwini kaThixo bafika abafundi bakhe, bambonisa isakhiwo sendlu leyo.

[2]Waphendula wathi kubo: "Niyazibona zonke ezi zinto? Ndithi kuni, inene, akuyi kusala litye phezu kwelitye apha elingayi kudilizwa."

Ukuqala kwentshutshiso

(Marko 13:3-13; Luka 21:7-19)

[3]Kwathi, xa uYesu wayehleli phantsi eNtabeni yemiNquma, beza kuye bebodwa abafundi, bathi: "Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba uya kuba yintoni na umqondiso wokuza kwazo nowokupheliswa kweli phakade?"

[4]Waza waphendula uYesu wathi: "Lumkani, ningàlahlekiswa bani,

[5]kuba baninzi abaya kuza besebenzisa igama lam, besithi banguye uKrestu, balahlekise into eninzi yabantu.

[6]Niya kuthi nive iimfazwe, namarhe eemfazwe; kodwa lumkani, ningabi navuso, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho, kanti ke akukabi kuko ukuphela oko.

[7]Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani; kuya kubakho iindlala, neenyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo.

[8] Contudo, esses acontecimentos serão apenas como as primeiras dores de um parto.

[8]Kunjengokuqala kwenimba ke konke oku.

[9] Então eles vos entregarão para serem afligidos e condenados à morte. E sereis odiados por todas as nações por serem meus seguidores.

[9]"Ngelo xesha baya kunibamba, baninikele ekutshutshisweni, banibulale. Niya kuthiywa ziintlanga zonke ngenxa yegama lam.

[10] Nessa época, muitos ficarão escandalizados, trairão uns aos outros e se odiarão mutuamente.

[10]Ngelo xesha abaninzi baya kurhoxa elukholweni, bangcatshane, bathiyane.

[11] Então, numerosos falsos profetas surgirão e enganarão a muitos.

[11]Kuya kuvela abashumayeli abaxokayo, balahlekise abantu abaninzi.

[12] E, por causa da multiplicação da maldade, o amor da maioria das pessoas se esfriará.

[12]Ububi buya kwanda kangangokuba luphole uthando lwabaninzi.

[13] Aquele, porém, que continuar firme até o final será salvo.

[13]Ke lowo uzingisa kude kube sekupheleni wosindiswa.

[14] E este evangelho do Reino será pregado em todo o mundo habitado, como testemunho a todas as nações, e então chegará o fim.

[14]Ezi ndaba zimnandi zolawulo lukaThixo ziya kushunyayelwa kulo lonke ihlabathi, zibe bubungqina kuzo zonke iintlanga, size ke sifike isiphelo."

O sermão continua. A grande tribulação

Imbandezelo enkulu

(Marko 13:14-23; Luka 21:20-24)

[15] E, assim, quando virdes a profanação horrível da qual falou o profeta Daniel, no Lugar Santo ,

[15]"Xa ke ngoko nithe nalibona 'isikizi elimanyumnyezi, mhla ngophanziso;' elo umshumayeli uDaniyeli athetha ngalo, limi 'endaweni engcwele' (ofundayo makaqiqe),

[16] então, os que estiverem na Judéia fujam para os montes.

[16]mabathi ngelo xesha abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni.

[17] Quem estiver sobre o telhado de sua casa, não desça para retirar dela coisa alguma.

[17]Ophezu kwendlu ke makangehli ukuya kuthatha nto endlwini yakhe.

[18] E aquele que estiver no campo, não volte para pegar sua túnica.

[18]Nalowo usentsimini makangabi sayiphuthuma ingubo yakhe.

[19] Serão dias terríveis para as mulheres grávidas e para as que estiverem amamentando.

[19]Hayi ke kwabanzima nabadlezane ngaloo mihla!

[20] E orai para que a vossa fuga não ocorra durante o inverno nem no sábado.

[21] Porquanto haverá nessa época grande tribulação, como jamais aconteceu desde o início do mundo até agora, nem nunca mais haverá.

[22] E, se aqueles dias não tivessem sido abreviados, nenhuma carne seria salva. Mas, por causa dos eleitos, aquele tempo será encurtado.

[23] Então, se alguém vos anunciar: 'Vede, aqui está o Cristo!' ou 'Ei-lo ali!' Não acrediteis.

[24] Pois se levantarão falsos cristos e falsos profetas e apresentarão grandes milagres e prodígios para, se possível, iludir até mesmo os eleitos.

[25] Vede que Eu o preanunciei a vós!

[26] Portanto, se vos disserem: 'Eis que Ele está no deserto!'- não saiais. Ou ainda: 'Ele está ali mesmo, nos cômodos de uma casa!'- não acrediteis.

[27] Pois, da mesma maneira como o relâmpago parte do oriente e brilha até no ocidente, assim também se dará a vinda do Filho do homem.

[28] Onde houver um cadáver, aí se reunirão os abutres.

O sermão continua. A vinda do Filho do Homem

[29] Imediatamente após o tormento daqueles dias, o sol escurecerá e a lua não dará a sua

[20]Thandazelani ukuba ukubaleka kwenu kungabi sebusika okanye ngoMhla woPhumlo,

[21]kuba ngelo xesha kuya kubakho imbandezelo engazange ibekho ukususela ekudalweni kwehlabathi kude kube ngoku, kwaye ingasayi kuphinda ibekho enjalo.

[22]Ke ukuba uThixo ebengayicuthanga loo mihla, bekungayi kubakho bani usindayo; kodwa ngenxa yâbo banyuliweyo, uThixo woyicutha loo mihla.

[23]"Ngelo xesha ke, ukuba ubani uthe kuni: 'Nanku apha uKrestu;' nokuba uthe: 'Nankuya phaya;' musani ukuyamkela loo nto;

[24]kuba kuya kuvela abathi banguKrestu, abangenguye; kuvele nabashumayeli abangengabo, benze imiqondiso nemimangaliso emikhulu kangangokuba bade babalahlekise, ukuba bekunokwenzeka oko, kwanabanyulwa bakaThixo.

[25]Niyabona, ndinixelela ezi zinto zingekenzeki.

[26]"Ukuba ke kuthiwa kuni: 'Nankuya entlango,' ze ningayi; nokuba kuthiwa: 'Nankuya endlwini,' ze ningakwamkeli oko;

[27]kuba ukufika koNyana woLuntu kuya kuba njengombane omenyezela empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga.

[28]"Apho sikhona isidumbu, kulapho aya kuhlanganisana khona amaxhalanga."

Ukuza koNyana woLuntu

(Marko 13:24-27; Luka 21:25-28)

[29]"Kwangoko emva kwembandezelo yaloo mihla, ilanga liya kwenziwa mnyama, ithi nenyanga ingakhanyi, zithi neenkwenkwezi

luz; e as estrelas cairão do céu, e os poderes celestes serão estremecidos.

30 Então surgirá no céu o sinal do Filho do homem, e todos os povos da terra prantearão e verão o Filho do homem chegando nas nuvens do céu com poder e majestosa glória.

31 Ele enviará os seus anjos, com poderoso som de trombeta, e estes reunirão os seus eleitos dos quatro ventos, de uma a outra extremidade dos céus.

A lição da figueira: o Dia do Senhor

32 Portanto, aprendei com a parábola da figueira: quando, pois, os seus ramos se renovam e suas folhas começam a brotar, sabeis que está próximo o verão.
33 Da mesma forma vós: quando virdes todos esses acontecimentos, sabei que Ele está muito próximo, às portas.
34 Com toda a certeza Eu vos afirmo, que não passará esta geração até que todos esses eventos se realizem.
35 O céu e a terra passarão, mas as minhas palavras jamais passarão.

O sermão continua. Exortação à vigilância

36 Entretanto, a respeito daquele dia e hora ninguém sabe, nem os anjos dos céus, nem o Filho, senão exclusivamente o Pai.

37 Como aconteceu nos dias de Noé, assim também se dará por ocasião da chegada do Filho do homem.

zivuthuluke ezulwini, nako konke okunamandla esibhakabhakeni kudunga-dungeke.
30Ngelo xesha uya kubonakala ezulwini umqondiso woNyana woLuntu, zize zonke iintlanga zehlabathi zenze isijwili, zimbona uNyana woLuntu esiza esemafini enamandla nobuqaqawuli obukhulu.
31Liya kuvakala ke ixilongo elikhulu, azithumele eziphelweni zehlabathi izithunywa zakhe, zibahlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, bevela kumacala omane omhlaba, kususela esiphelweni somhlaba, kuye esiphelweni sawo.”

Umzekeliso ngomkhiwane

(Marko 13:28-31; Luka 21:29-33)

32“Fundani kuwo umkhiwane ongumzekelo kuni. Xa sewuthe wathamba amasebe, wahluma amagqabi, niyazi ukuba ihlobo likufuphi.
33Ngokukwanjalo ke, xa nithe nazibona ezo zinto zisenzeka, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.

34Ndithi kuni, inene, esi sizukulwana asiyi kudlula zingadanga zenzeke zonke ezi zinto.

35Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule.”

Phaphani nilinde!

(Marko 13:32-37; Luka 17:26-30,34-36)

36“Ke akukho bani uwaziyo loo mhla nelo xesha. Kwanezithunywa ezisezulwini azazi, engazi naye uNyana lo. Kuphela nguYise owaziyo.

37Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, koba kwanjalo ukufika kwakhe uNyana woLuntu.

[38] Porque nos dias que antecederam ao Dilúvio, o povo levava a vida comendo e bebendo, casando-se e oferecendo-se em matrimônio, até o dia em que Noé entrou na arca,
[39] e as pessoas nem notaram, até que chegou o Dilúvio e levou a todos. Assim ocorrerá na vinda do Filho do homem.
[40] Dois homens estarão na lavoura: um será arrebatado, mas o outro deixado.
[41] Duas mulheres estarão trabalhando num moinho: uma será arrebatada, a outra ficará pra trás.
[42] Por isso, vigiai, porquanto não sabeis em que dia virá o vosso Senhor.
[43] Contudo, entendei isto: se o proprietário de uma casa soubesse a que hora viria o ladrão, se colocaria em sentinela e não permitiria que a sua residência fosse violada.
[44] Portanto, ficai igualmente vós alertas; pois o Filho do homem virá no momento em que menos esperais.

O sermão continua. A parábola dos dois servos

[45] Sendo assim, quem é o servo fiel e sábio, a quem o senhor confiou os de sua casa para dar-lhes alimento no seu devido tempo?
[46] Feliz aquele servo a quem o seu senhor, quando voltar, o encontrar agindo dessa maneira.
[47] Com certeza vos afirmo que o senhor confiará a seu servo todos os seus bens.
[48] Entretanto, supondo que esse servo, sendo mau, diga a si mesmo: 'Meu senhor está demorando muito',

[38]Njengokuba babesithi ngemihla yangaphambi konogumbe badle, basele, bazeke, bendise, kwada kwayimini yokungena kukaNowa enqanaweni,
[39]bengaqondi, wada wafika unogumbe wabakhukulisa bonke, koba kwanjalo ukufika kwakhe uNyana woLuntu.
[40]Ngelo xesha kothi ababini besentsimini, omnye athathwe, omnye ashiywe.
[41]Abafazi ababini boba besila elityeni lokusila, omnye athathwe, omnye ashiywe.
[42]"Phaphani ngoko, kuba ningàwazi umhla wokufika kweNkosi yenu.
[43]Kakade ukuba umninimzi ebesazi ukuba isela lofika nini na ebusuku, nge-egadile, waza àkavuma ukuba kuqhekezwe endlwini yakhe.
[44]Nani ke ngoko hlalani nizilungiselele, kuba uNyana woLuntu wofika ngexesha eningalilindelanga."

Umzekeliso ngokuthembeka okanye ukungathembeki kwesicaka
(Luka 12:41-48)

[45]"Ngubani na oseso sicaka sithembekileyo siqondayo, eyathi inkosi yaso yasimisa phezu kwabendlu yayo, ukuze sibanike umxhesho wabo ngexesha elililo?
[46]Siyachulumacha eso sicaka eyothi inkosi yaso yakufika isifumane sisenjenjalo.
[47]Ndithi kuni, inene, eso sicaka inkosi yosiphathisa yonke impahla yayo.
[48]Kodwa ukuba eso sicaka sikhohlakele, sisuke sicinge sithi: 'Inkosi yam ilibele;'

[49] e, por isso, passe a agredir os seus conservos e a comer e beber com beberrões.
[50] O senhor daquele servo virá num dia inesperado e numa hora que o servo desconhece.
[51] E o senhor o punirá com toda a severidade e lhe dará um lugar ao lado dos hipócritas, onde haverá grande lamento e ranger de dentes.

Mateus 25

O sermão profético continua. A parábola das dez virgens

[1] Portanto, o Reino dos céus será semelhante a dez virgens que pegaram suas candeias e saíram para encontrar-se com o noivo.
[2] Cinco delas eram sábias, mas outras cinco eram inconsequentes.
[3] As que eram inconsequentes, ao pegarem suas candeias, não levaram óleo de reserva consigo.
[4] Entretanto, as prudentes, levaram óleo em vasilhas, junto com suas candeias.
[5] O noivo demorou a chegar, e todas ficaram com sono e adormeceram.
[6] À meia-noite, ouviu-se um grito: 'Eis que vem o noivo! Saí ao seu encontro!'
[7] Então, todas as virgens acordaram e foram preparar suas candeias.
[8] As insensatas recorreram às sábias: 'Dai-nos um pouco do vosso azeite, porque as nossas candeias estão se apagando'.
[9] Porém as sábias responderam: 'Não podemos, pois assim faltará tanto para nós quanto para vós outras! Ide, portanto, aos que o vendem e comprai-o'.

[49]size sisuke sibabethe abazizicaka kunye naso, sidle sisele kunye namanxila;
[50]yofika inkosi yeso sicaka ngemini esingayilindelanga, nangelixa esingalaziyo,
[51]ize isixabele kubini njengokuba kusenziwa kwabangathembekanga. Kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka apho."

UMatewu 25

Umzekeliso ngeentombi ezilishumi

[1]"Ngelo xesha ulawulo lukaThixo luya kufana nokweentombi ezilishumi, ezazithathayo izibane zazo, zaya kuhlangabeza umyeni.
[2]Ke ezintlanu kuzo zazizizidenge, ezintlanu zizizilumko.
[3]Ezizizidenge zazithatha izibane zazo, kodwa azayipatha ioyile yokongeza.
[4]Zona ezizizilumko zathi kunye nezibane zazo zahamba ziphethe ioyile ngezitya.
[5]Umyeni walibazisa ukufika, zaza iintombi ezi zonke zozela zalala.
[6]"Ezinzulwini zobusuku kwamenyezwa kusithiwa: 'Nanko umyeni; phumani niye kumhlangabeza!'
[7]Zavuka ke zonke iintombi ezo, zazilungisa izibane zazo.
[8]Zaza ezizizidenge zathi kwezizizilumko: 'Sipheni kwioyile yenu leyo, kuba izibane zethu ziyacima.'
[9]Kodwa zalandula ezizizilumko, zisithi: 'Hleze inganeli kuthi nakuni, yiyani kwabayithengisayo, nizithengele.'

[10] Mas, saindo elas para comprar, chegou o noivo. As virgens que estavam preparadas entraram com ele para o banquete de núpcias. E a porta foi fechada.

[11] Mais tarde, todavia, chegaram as virgens imprudentes e clamaram: 'Senhor! Senhor! Abre a porta para nós!'

[12] Contudo ele lhes respondeu: 'Com certeza vos afirmo que não vos conheço'.

[13] Portanto, vigiai, pois não sabeis o dia, tampouco a hora em que o Filho do homem chegará.

O sermão continua. A parábola dos dez talentos

[14] Digo também que o Reino será como um senhor que, ao sair de viagem, convocou seus servos e confiou-lhes os seus bens.

[15] A um deu cinco talentos, a outro, dois e a outro, um talento; a cada um conforme a sua capacidade pessoal. E, em seguida, partiu de viagem.

[16] O que havia recebido cinco talentos saiu imediatamente, investiu-os, e ganhou mais cinco.

[17] Da mesma forma, o que recebera dois talentos ganhou outros dois.

[18] Entretanto, o que tinha recebido um talento afastou-se, cavou um buraco na terra e escondeu o dinheiro que o seu senhor havia confiado aos seus cuidados.

[19] Após um longo tempo, retornou o senhor daqueles servos e foi acertar contas com eles.

[20] Então, o servo que recebera cinco talentos se aproximou do seu senhor e lhe entregou mais cinco talentos, informando: 'O senhor me confiou cinco talentos; eis aqui mais cinco talentos que ganhei'.

[10]Kwathi ke, zisaya, wafika umyeni, zaza ezo ntombi bezisezilungile zangena kunye naye emsithweni, kwaza kwavalwa emnyango.

[11]"Kamva zafika nezinye iintombi ezo, zathi: 'Nkosi, sivulele.'

[12]Yaphendula yona yathi: 'Ndithi kuni, inene, nina àndinazi.'

[13]"Phaphani ke ngoko, ngokuba ningayazi imini kwanalo ilixa."

Umzekeliso ngezicaka ezazigciniswe imali

(Luka 19:11-27)

[14]"Kuya kuba njengomntu owathi, eza kuhambela kwelinye ilizwe, wazibiza izicaka zakhe, wayigcinisa kuzo impahla yakhe.

[15]Esinye usinike imali ekumawaka amahlanu eerandi, esinye ekumawaka amabini, nesinye ekwiwaka elinye, ezinika ngokwamandla azo. Wahamba ke.

[16]Eso sanikwa ekumawaka amahlanu, sithe kwangoko sasebenza ngawo, sazuza amanye amahlanu.

[17]Ngokukwanjalo neso sanikwa ekumawaka amabini, sazuza amanye amabini.

[18]Ke sona eso sasinikwe ekwiwaka elinyé, semka saya kuyimbela siyifihla imali yenkosi yaso.

[19]"Emva kwexesha elide yabuya inkosi yezi zicaka, yafuna ingxelo kuzo.

[20]Seza eso sasinikwe ekumawaka amahlanu, siphethe kwanamanye amahlanu, sathi: 'Nkosi, ubundigcinise imali ekumawaka amahlanu eerandi. Nantsi ke enye, mhlekazi, ekumawaka amahlanu endithe ndayizuza.'

[21] Respondeu-lhe o senhor: 'Muito bem, servo bom e fiel! Foste fiel no pouco, muito confiarei em tuas mãos para administrar. Entra e participa da alegria do teu senhor!'.

[22] Assim também, aproximou-se o que recebera dois talentos e relatou: 'Senhor, dois talentos me confiaste; trago-lhe mais dois talentos que ganhei'.

[23] O senhor lhe disse: 'Muito bem, servo bom e fiel! Foste fiel no pouco, muito confiarei em tuas mãos para administrar. Entra e participa da alegria do teu senhor!'.

[24] Chegando, finalmente, o que tinha recebido apenas um talento, explicou: 'Senhor, eu te conheço, sei que és um homem severo, que colhe onde não plantou e ajunta onde não semeou.

[25] Por isso, tive receio e escondi no chão o teu talento. Aqui está, toma de volta o que te pertence'.

[26] Sentenciou-lhe, porém, o senhor: 'Servo mau e negligente! Sabias que colho onde não plantei e ajunto onde não semeei?

[27] Então, por isso, ao menos devíeis ter investido meu talento com os banqueiros, para que quando eu retornasse, o recebesse de volta, mais os juros.

[28] Sendo assim, tirai dele o talento que lhe confiei e dai-o ao servo que agora está com dez talentos.

[21]Yaza yathi kuso inkosi yaso: 'Ngxatsho ke, sicaka sam esilungileyo, esithembekileyo! Ubuthembekile kwizinto ezimbalwa; ndiya kukuphathisa izinto ezininzi. Ngena uchwayite kunye nenkosi yakho.'

[22]"Seza neso sicaka sasinikwe ekumawaka amabini, sathi: 'Nkosi, ubundigcinise imali ekumawaka amabini eerandi. Nantsi ke, mhlekazi, enye ekumawaka amabini endithe ndayizuza.'

[23]Yaza yathi kuso inkosi yaso: 'Ngxatsho ke, sicaka sam esilungileyo, esithembekileyo! Ubuthembekile kwizinto ezimbalwa; ndiya kukuphathisa izinto ezininzi. Ngena uchwayite kunye nenkosi yakho.'

[24]"Seza ke neso sicaka sasinikwe ekwiwaka elinyé, sathi: 'Nkosi, bendikwazi wena ukuba ungumntu ongqongqo, ovuna ongakuhlwayelanga, uqokelele ongakulimanga.

[25]Bendisoyika, ndaza ndaya kuyembela ndayifihla imali yakho. Nantsi ke imali yakho, mhlekazi.'

[26]Yaphendula inkosi yaso, yathi kuso: 'Sicakandini esikhohlakeleyo, esilivila, ubusazi nje ukuba ndingumntu ovuna apho angahlwayelanga khona, aqokelele apho angachithanga khona.

[27]Ubumelwe ke ngoko ukuyifaka ebhankini imali yam, ndize ndithi, ndakufika, ndiyifumane inenzala.

[28]Ke ngoko esi sicaka sihlutheni iwaka elo, nilinike eso siphethe ekumawaka alishumi.

[29] Pois a quem tem, mais lhe será confiado, e possuirá em abundância. Mas a quem não tem, até o que tem lhe será tirado.
[30] Quanto ao servo inútil, lançai-o para fora, às trevas. Ali haverá muito pranto e ranger de dentes'.

O fim do sermão profético. A vida eterna e o castigo eterno

[31] Quando o Filho do homem vier em sua glória, com todos os anjos, então, se assentará em seu trono na glória nos céus.

[32] Todas as nações serão reunidas diante dele, e Ele irá separar umas das outras, como o pastor separa os bodes das ovelhas.

[33] E posicionará as ovelhas à sua direita e os bodes à sua esquerda.

[34] Então, dirá o Rei a todos que estiverem à sua direita: 'Vinde, abençoados de meu Pai! Recebei como herança o Reino, o qual vos foi preparado desde a fundação do mundo.

[35] Pois tive fome, e me destes de comer, tive sede, e me destes de beber; fui estrangeiro, e vós me acolhestes.
[36] Quando necessitei de roupas, vós me vestistes; estive enfermo, e vós me cuidastes; estive preso, e fostes visitar-me'.
[37] Então, os justos desejarão saber: 'Mas, Senhor! Quando foi que te encontramos com fome e te demos de comer? Ou com sede e te saciamos?
[38] E quando te recebemos como estrangeiro e te hospedamos? Ou necessitado de roupas e te vestimos?
[39] Ou ainda, quando estiveste doente ou encarcerado e fomos ver-te?'.

[29]Wonke umntu onolutho uya kunikwa, abe nezinto ngakumbi; kodwa lowo ungenanto uya kuhluthwa naloo nto anayo.
[30]Ke sona esi sifede sesicaka siphoseni phandle lee ebumnyameni, apho kuya kubakho ukulila nokungcungcutheka.' ”

Imini yomgwebo

[31]“Xa athe wafika uNyana woLuntu esebuqaqawulini bakhe, enazo zonke izithunywa zezulu, uya kuhlala enkundleni yakhe yobungangamsha,
[32]zihlanganiselwe phambi kwakhe zonke iintlanga. Wothi ke abahlule abanye kwabanye ngokomalusi esahlula iigusha ezibhokhweni.
[33]Zona iigusha wozibeka ngasekunene kwakhe, iibhokhwe ngasekhohlo.
[34]Ukumkani ke uya kuthi kwabangasekunene: 'Yizani, nina basikelelweyo nguBawo, nixhamle uyolo lolawulo enalulungiselelwayo kwasekusekweni kwehlabathi;
[35]kuba ndandilambile, nandipha ukutya; ndandinxaniwe, nandipha amanzi; ndandingowasemzini, nandamkela;
[36]ndandihamba ze, nandambathisa; ndandigula, nandihambela; ndandisentolongweni, nandivelela.'
[37]“Omphendula ke amalungisa esithi: 'Nkosi, ngaba sakubona nini na ulambile, sakupha ukutya; unxaniwe, sakunika amanzi?
[38]Ngaba sakubona nini na ungowasemzini, sakwamkela; uhamba ze, sakwambathisa?
[39]Ngaba sakubona nini na ugula, okanye usentolongweni, sakuhambela?'

[40] Então o Rei, esclarecendo-lhes responderá: 'Com toda a certeza vos asseguro que, sempre que o fizestes para algum destes meus irmãos, mesmo que ao menor deles, a mim o fizestes'.
[41] Mas o Rei ordenará aos que estiverem à sua esquerda: 'Malditos! Apartai-vos de mim. Ide para o fogo eterno, preparado para o Diabo e os seus anjos.
[42] Porquanto tive fome, e não me destes de comer; tive sede, e nada me destes de beber.
[43] Sendo estrangeiro, não me hospedastes; estando necessitado de roupas, não me vestistes; encontrando-me enfermo e aprisionado, não fostes visitar-me'.
[44] E eles também perguntarão: 'Mas Senhor! Quando foi que te vimos com fome, sedento, estrangeiro, necessitado de roupas, doente ou preso e não te auxiliamos?'
[45] Então o Rei lhes sentenciará: 'Com toda a certeza vos asseguro que, sempre que o deixastes de fazer para algum destes meus irmãos, mesmo que ao menor deles, a mim o deixastes de fazer'.
[46] Sendo assim, estes irão para o sofrimento eterno, porém os justos, para a vida eterna".

Mateus 26

A consulta dos sacerdotes e dos escribas

[1] Tendo Jesus concluído esses ensinamentos, declarou aos seus discípulos:
[2] "Como sabeis, daqui a dois dias, a Páscoa será celebrada; e o Filho do homem será entregue para ser crucificado".

[40]Wophendula ukumkani athi kuwo: 'Ndithi kuni, inene, ekubeni nithe nenjenjalo nakomnye kula mawethu angawona agqusha eluthulini, nithe nenjenjalo nakum.'
[41]"Wothi ke kwabo bangasekhohlo: 'Mkani kum, nina baqalekisiweyo nguThixo, niye emlilweni ongunaphakade, olungiselelwe umtyholi nezithunywa zakhe;
[42]kuba ndandilambile, naza ànandipha kutya; ndandinxaniwe, naza anandipha manzi;
[43]ndandingowasemzini, naza anandamkela; ndandihamba ze, naza anandambathisa; ndandigula, ndandisentolongweni, naza ànandihambela.'
[44]"Bophendula ke bathi: 'Nkosi, ngaba sakubona nini na ulambile, unxaniwe, ungowasemzini, uhamba ze, ugula, okanye usentolongweni, saza àsakunceda?'
[45]Wobaphendula ke athi: 'Ndithi kuni, inene, ekubeni ningenzanga njalo nakumnye waba bangabona bancinane, anenzanga njalo nakum.'
[46]Baya kumka aba, baye esohlwayweni esingunaphakade. Ke wona amalungisa aya kuya ebomini obungunaphakade."

UMatewu 26

UYesu uyabhungwa

(Marko 14:1-2; Luka 22:1-2; Yoh 11:45-53)

[1]Xa uYesu wayewagqibile onke la mazwi, wathi kubafundi bakhe:
[2]"Niyazi ukuba emva kweentsuku ezimbini iza kuba yiPasika. Wothi ke uNyana

woLuntu anikelwe ukuba abethelelwe emnqamlezweni."

3 Enquanto isso, os chefes dos sacerdotes e os anciãos do povo se reuniram no palácio do sumo sacerdote, cujo nome era Caifás.

3Ngelo xesha ababingeleli abaziintloko namadoda amakhulu abantu babehlanganisene emzini kaKayafa, umbingeleli omkhulu.

4 E fizeram um acordo para prender Jesus por meio de traição e matá-lo.

4Babebhunga iqhinga lokumbamba uYesu, bambulale.

5 Porém recomendaram: "Que isso não seja feito durante a festa, para que não ocorra grande alvoroço entre o povo".

5Kodwa babesithi: "Oku makungenziwa ngePasika, hleze kubekho isiphithi-phithi."

O jantar em Betânia

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani
(Marko 14:3-9; Yoh 12:1-8)

6 E aconteceu que, estando Jesus em Betânia, na casa de Simão, o leproso,

6Kwathi uYesu eseBhetani, endlwini kaSimon uZitshangubana,

7 chegou próximo dele uma mulher portando um frasco de alabastro, repleto de perfume caríssimo, e lhe derramou sobre a cabeça, enquanto ele estava reclinado à mesa.

7kwafika umntu obhinqileyo eneqhaga lelitye lelabhastile, linesiqholo esixabiso likhulu kunene. Kwathi, uYesu esetafileni, le ntokazi yamgalela entloko ngesiqholo eso.

8 Diante daquela cena, os discípulos se indignaram e comentaram: "Por que este desperdício?

8Bekubona oku, abafundi bakaYesu bakhathazeka, bathi: "Bekutheni ukuze kwenziwe le nkcitho ingaka?

9 Porquanto esse perfume poderia ser vendido por alto preço e o dinheiro dado aos pobres!"

9Esi siqholo ngesithengiswe ngemali eninzi, kwaphiwa amahlwempu."

10 Percebendo isso, Jesus repreendeu-os: "Por que molestais esta mulher? Ela praticou uma boa ação para comigo.

10UYesu, ekwazi abakuthethayo, wathi kubo: "Niyikhathazelani na le ntokazi? Indenzele into entle.

11 Pois, quanto aos pobres, sempre os tendes convosco, mas a mim nem sempre me tereis.

11Kaloku amahlwempu nisoloko ninawo;ke mna anisoloko ninam.

12 Ao derramar sobre o meu corpo esse bálsamo, ela o fez como que preparando-me para o sepultamento.

12Le ntokazi ithe ngokwenjenje yawuthambisela ukungcwatywa umzimba wam.

13 Com toda a certeza vos afirmo: Em todos os lugares do mundo, onde este evangelho for pregado, igualmente será contado o que

13Ndithi kuni, inene, naphi na apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zimnandi kulo

essa mulher realizou, como um memorial a ela”.

lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto iyenzileyo yona, ibe sisikhumbuzo ngayo.”

O preço da traição

UJudas uceba ukungcatsha uYesu
(Marko 14:10-11; Luka 22:3-6)

[14] E aconteceu que um dos Doze, chamado Judas Iscariotes, foi ao encontro dos chefes dos sacerdotes e lhes propôs:

[14]Ngelo xesha uJudas Sikariyoti, omnye wabafundi abalishumi elinambini, waya kubabingeleli abaziintloko,

[15] “O que me dareis caso eu vo-lo entregue?” E lhe pagaram o preço: trinta moedas de prata.

[15]wathi: “Nondinika ntoni na ukuba ndithe uYesu ndamnikela kuni?” Ke bamnika amaqhosha amashumi mathathu emali yesiliva.

[16] E, desse momento em diante, procurava Judas uma ocasião apropriada para entregar Jesus.

[16]Ukususela ngoko uJudas wazungula ukufumana ithuba lokumbambisa uYesu.

A última Páscoa e a Santa Ceia

UYesu nabafundi bakhe batya iPasika
(Marko 14:12-21; Luka 22:7-14,21-23; Yoh 13:21-30)

[17] No primeiro dia da festa dos Pães Asmos, os discípulos aproximaram-se de Jesus e o consultaram: “Onde desejas que preparemos a refeição da Páscoa?”

[17]Ke kaloku ngowokuqala umhla wetheko lezonka ezingenagwele, abafundi bakaYesu beza kuye, bathi: “Ufuna ukuba siye kuyilungiselela phi na iPasika?”

[18] Ao que Jesus os orientou: “Ide à cidade, procurai um certo homem e falai a ele: ‘O Mestre manda dizer-te: É chegada a minha hora. Desejo celebrar a Páscoa em tua casa, juntamente com meus discípulos.’”

[18]Waza wathi: “Hambani niye esixekweni kumntu othile, nithi kuye: ‘UMfundisi uthi: Ixesha lam lisondele. Mna nabafundi bam siya kuyityela kwakho iPasika.’ ”

[19] Os discípulos fizeram como Jesus lhes havia instruído e prepararam a Páscoa.

[19]Benza ke abafundi njengoko uYesu wayebayalele ngako, bayilungiselela iPasika.

Jesus revela o traidor

[20] Ao pôr-do-sol, estava Jesus reclinado, próximo à mesa, com os Doze.

[20]Kwakuhlwa ke, uYesu waya kuhlala etafileni, enabafundi bakhe abalishumi elinambini.

[21] E, durante a refeição, Jesus revelou: “Com toda a certeza vos afirmo que um dentre vós me trairá”.

[21]Xa babesitya, uYesu wathi: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni uya kundingcatsha.”

[22] Essa declaração consternou a todos e começaram a indagar, um após outro: “Senhor! Porventura, serei eu?”

[22]Baza ke baba buhlungu, besithi kuye ngabanye: “Ngaba iya kuba ndim na, Nkosi?”

[23] Indicou-lhes Jesus: “Aquele que comeu juntamente comigo, do mesmo prato, este é o que vai me trair.

[24] O Filho do homem vai, como de fato está escrito a respeito dele. Mas ai daquele que trai o Filho do homem! Melhor lhe seria jamais haver nascido”.

[25] Então Judas, que haveria de consumar a traição, disse: “Acaso, seria eu, meu Mestre?” E Jesus afirmou-lhe: “Sim, tu o declaraste!”

A Ceia do Senhor

[26] Enquanto comiam, Jesus pegou um pão, deu graças, quebrou-o, e o deu aos seus discípulos, recomendando: “Tomai, comei; isto é o meu corpo”.

[27] Em seguida tomou um cálice, deu graças e o entregou aos seus discípulos, proclamando: “Bebei dele todos vós.

[28] Pois isto é o meu sangue da aliança, derramado em benefício de muitos, para remissão de pecados.

[29] E vos afirmo que, de agora em diante, não mais tomarei deste fruto da videira até aquele dia em que beberei o novo vinho, convosco, no Reino de meu Pai”.

[30] E assim, após terem cantado um hino de louvor, saíram para o monte das Oliveiras.

Pedro é avisado

[31] Então Jesus lhes revelou: “Ainda esta noite, todos vós me abandonareis. Pois assim está escrito: ‘Ferirei o pastor, e as ovelhas do rebanho serão afugentadas’.

[32] Todavia, depois de ressuscitar, seguirei adiante de vós rumo à Galiléia”.

[23]Wabaphendula wathi: “Lowo usithi nkxu esityeni isonka kunye nam, nguye oya kundingcatsha.

[24]Okunene yena uNyana woLuntu uyemka, njengoko zitshoyo ngaye iziBhalo; kodwa hayi loo mntu angcatshwa nguye uNyana woLuntu! Ngekumlungele loo mntu ukuba ebengazalwanga.”

[25]Waphendula uJudas, lowo wayeza kumngcatsha, wathi: “Ngaba iya kuba ndim na, Mfundisi?” UYesu wathi: “Nawe utsho.”

Ukusungulwa komthendeleko

(Marko 14:22-26; Luka 22:15-20; 1 Kor 11:23-25)

[26]Xa babesitya uYesu wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wabanika abafundi bakhe, wathi: “Thathani nitye; ngumzimba wam lo.”

[27]Wathatha nendebe, wabulela, wabanika, wathi: “Selani kuyo nonke;

[28]kuba ligazi lam eli elisisiqinisekiso somnqophiso, eliphalazelwa abaninzi, ukuze baxolelwe izono.

[29]Ndithi kuni, andiyi kuphinda ndisele kwincindi yeediliya, kude kube yiloo mini ndiyisela kunye nani iyentsha kwikomkhulu likaBawo. ”

[30]Bakuba becule indumiso, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

UYesu ulumkisa uPetros

(Marko 14:27-31; Luka 22:31-34; Yoh 13:36-38)

[31]Ngelo xesha uYesu wathi kubo: “Ngobu busuku nonke niya kukhubeka ngenxa yam, kuba iziBhalo zithi: ‘Ndiya kubulala umalusi, zichithakale iigusha.’

[32]Xa ke ndithe ndavuswa ekufeni, ndiya kunandulela, ndiye kwelaseGalili.”

33 Respondeu-lhe Pedro: "Ainda que venhas a ser motivo de escândalo para todos, eu jamais te abandonarei!"

34 Replicou-lhe Jesus: "Com certeza te asseguro que, ainda nesta noite, antes mesmo que o galo cante, três vezes tu me negarás".

35 Então Pedro lhe declarou: "Mesmo que seja necessário que eu morra junto a ti, de modo algum te negarei!" E todos os discípulos fizeram a mesma afirmação.

Jesus no Getsêmani

36 Seguiu Jesus com seus discípulos e chegando a um lugar chamado Getsêmani disse-lhes: "Assentai-vos por aqui, enquanto vou ali para orar".

37 Levou consigo a Pedro e aos dois filhos de Zebedeu, e começando a entristecer-se ficou profundamente angustiado.

38 Então compartilhou com eles dizendo: "A minha alma está sofrendo dor extrema, uma tristeza mortal. Permanecei aqui e vigiai junto a mim".

39 Seguindo um pouco mais adiante, prostrou-se com o rosto em terra e orou: "Ó meu Pai, se possível for, passa de mim este cálice! Contudo, não seja como Eu desejo, mas sim como Tu queres".

40 Mas, ao retornar à presença dos seus discípulos os encontrou dormindo e questionou a Pedro: "E então? Não pudestes vigiar comigo durante uma só hora?

41 Vigiai e orai, para não cairdes em tentação. O espírito, com certeza, está preparado, mas a carne é fraca".

33 Waphendula uPetros, wathi kuye: "Nokuba baya kukhubeka bonke, mna andingekhe!"

34 UYesu ke wathi kuye: "Ndithi kuwe, inene, kwangobu busuku, ingekakhali inkuku, uya kundikhanyela kathathu."

35 UPetros wathi kuye: "Nokuba ndingade ndibe ndiza kufa kunye nawe, andingekhe ndikukhanyele!" Batsho bonke ke abafundi.

UYesu uthandaza eGetsemane

(Marko 14:32-42; Luka 22:39-46)

36 Ke uYesu nabafundi bakhe bafika kwisitiya ekuthiwa yiGetsemane, wathi kubo: "Hlalani apha, ndikhe ndiye kuthandaza phaya."

37 Wahamba noPetros noonyana ababini bakaZebhedi, waza waba buhlungu, wadandatheka,

38 wathi kubo: "Intliziyo yam ibuhlungu ukufa, iligazi. Hlalani apha nilinde kunye nam."

39 Esukile kubo wathi qelele, wawa emhlabeni, wathandaza esithi: "Bawo, ukuba kunokwenzeka, yidlulise kum le ntlungu. Noko ke, makungabi kokuthandwa ndim, makube kukuthanda kwakho."

40 Wafika ke, wabafumana abo bafundi belele, wathi kuPetros: "Ubungenakulinda na nokweli thutyana?

41 Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Intliziyo yona okunene inentumekelelo, ke wona umzimba ubuthathaka."

[42] E afastando-se uma vez mais, orou dizendo: “Ó meu Pai, se este cálice não puder passar de mim sem que eu o beba, seja feita a tua vontade”.

[43] Quando voltou, entretanto, surpreendeu novamente seus discípulos dormindo, pois não suportaram os olhos pesados de sono.

[44] Então, retirou-se novamente, e foi orar pela terceira vez, proferindo as mesmas palavras.

[45] Passado algum tempo, voltou aos discípulos e indagou: “Ainda dormis e descansais? Eis que a hora é chegada! Agora o Filho do homem está sendo entregue nas mãos de pecadores.

[46] Levantai-vos e sigamos! Eis que meu traidor está se aproximando”.

Jesus é preso

[47] E, estando Ele ainda a falar, eis que chegou Judas, um dos Doze, e trazia consigo uma grande multidão armada de espadas e porretes, vinda da parte dos chefes dos sacerdotes e dos líderes religiosos do povo.

[48] Mas o traidor havia combinado um sinal com eles, informando-lhes: “Aquele a quem eu saudar com um beijo, esse é quem procurais, prendei-o!”

[49] Então, aproximando-se rapidamente de Jesus, disse-lhe Judas: “Eu te saúdo, ó Mestre!” E lhe deu um beijo.

[50] Jesus, contudo, lhe perguntou: “Amigo, para que vieste?” No mesmo instante os homens avançaram sobre Jesus e o prenderam.

[42]Wabuya wemka, waya kuthandaza, esithi: “Bawo, ukuba le ntlungu ayinako ukudlula kum ndingathanga ndayiva, makwenzeke ukuthanda kwakho.”

[43]Kwathi, akubuya kwakhona, wabafumana abo bafundi belele, kuba babesoyiswa bubuthongo.

[44]Wabashiya kwakhona uYesu, waya kuthandaza okwesithathu kwangaloo mazwi.

[45]Wabuya waya kwabo bafundi, wathi kubo: “Nisalele? Nisaphumle na? Niyabona, lifikile ixesha! UNyana woLuntu unikelwa ezandleni zaboni.

[46]Vukani sihambe. Nanko; ufikile lowo undinikelayo.”

Ukubanjwa kukaYesu

(Marko 14:43-50; Luka 22:47-53; Yoh 18:3-12)

[47]Kwathi, uYesu esathetha, wathi gqi uJudas ongomnye wabafundi abalishumi elinambini, ehamba nendimbane inamakrele neentonga, iphuma kubabingeleli abaziintloko nakumadoda amakhulu.

[48]Ke kaloku umngcatshi lowo wayevumelene nabo ngomqondiso, esithi: “Lowo ndithe ndamanga, nguye. Mbambeni.”

[49]UJudas ke waya kuYesu kwangoko, wathi: “Aa, Mfundisi!” Wamanga.

[50]Waza uYesu wathi kuye: “Mfondini, uzokwenza ntoni apha?” Basondela ke, bambamba uYesu.

[51] Eis que um dos que estavam com Jesus, estendendo a mão, puxou a espada e ferindo o servo do sumo sacerdote, decepou-lhe uma das orelhas.

[52] Mas Jesus lhe ordenou: “Embainha a tua espada; pois todos os que lançam mão da espada pela espada morrerão!

[53] Ou imaginas tu que Eu, neste momento, não poderia orar ao meu Pai e Ele colocaria à minha disposição mais de doze legiões de anjos?

[54] Entretanto, como então se cumpririam as Escrituras, que afirmam que tudo deve acontecer desta maneira?”

[55] E naquele mesmo instante Jesus se dirige às multidões indagando-lhes: “Lidero Eu algum tipo de rebelião, para que venham contra mim com espadas e porretes e me prendam? Pois todos os dias estive ensinando no templo e vós não me prendestes!

[56] Todavia, esses fatos todos ocorreram em cumprimento às Escrituras dos profetas”. E assim, todos os discípulos abandonaram a Jesus e fugiram.

Jesus perante o Sinédrio

[57] Então, os que prenderam Jesus o conduziram à presença de Caifás, o sumo sacerdote, em cuja residência estavam reunidos os mestres da lei e os anciãos.

[58] Contudo Pedro seguiu a Jesus de longe até o pátio do sumo sacerdote, entrou e sentou-se junto aos guardas, para sondar qual seria o fim daquela ocorrência.

[51]Wasuka omnye wâbo babenoYesu warhola ikrele, waxabela isicaka sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe.

[52]Waza uYesu wathi kuye: “Libuyisele endaweni yalo ikrele lakho. Bonke abasebenzisa ikrele, baya kutshabalala ngekrele.

[53]Ngaba ùba andinako ukumcela uBawo, aze kwangoku andikhuphele amawaka-waka ezithunywa zezulu eziyimikhosi engaphezu kweshumi elinambini?

[54]Bezinokuthini ke ngoko iziBhalo ukungazaliseki, zona zithi kumele ukuba kube nje?”

[55]UYesu ke ngelo xesha wathi kwindimbane: “Niphumele ukuza kubamba mna na, ninamakrele neentonga nje, ngokungathi niphumele isihange? Bendinani ndifundisa imihla ngemihla endlwini kaThixo, naza anandibamba.

[56]Kodwa kunje ukuze kuzaliseke okwabhalwayo ngabashumayeli bamandulo.” Emva koko ke babaleka bonke abafundi bakhe, bamshiya.

UYesu phambi kweBhunga

(Marko 14:53-65; Luka 22:54-55,63-71; Yoh 18:13-14,19-24)

[57]Abo babembambile uYesu, bamsa kuKayafa, umbingeleli omkhulu, apho babehlanganisene khona abachazi-mthetho namadoda amakhulu.

[58]Ke yena uPetros wamlandela uYesu, ebekele kude, wada waya kungena eyadini yomzi wombingeleli omkhulu, wahlala phantsi ndawonye nezicaka, ukuze abone ukuba kuya kuphelela phi na.

[59] Mas os líderes dos sacerdotes e todo o Sinédrio estavam tentando suscitar um falso testemunho contra Jesus, para que tivessem o direito de condená-lo à morte.

[59]Ke ababingeleli abaziintloko nalo lonke iBhunga babefuna ubungqina bobuxoki ngoYesu, ukuze bambulalise,

[60] Todavia, nada encontraram, apesar de se terem apresentado vários depoimentos inverídicos. Ao final, entretanto, compareceram duas testemunhas que alegaram:

[60]kodwa ababufumananga, nangona babebaninzi ababengqina ubuxoki ngaye. Ekugqibeleni kwavela ababini,

[61] "Este homem afirmou: 'Tenho poder para destruir o santuário de Deus e reconstruí-lo em três dias'".

[61]bathi: "Lo mntu uthe: 'Mna ndingayichitha indlu kaThixo, ndibuye ndiyakhe ngeentsuku ezintathu.' "

[62] Então o sumo sacerdote levantou-se e interrogou a Jesus: "Não tens o que responder a estes que depõem contra ti?"

[62]Waphakama ke umbingeleli omkhulu, wathi kuYesu: "Akuphenduli nento le na? Yintoni kanye le aba bayingqinayo ngawe?"

[63] Mas Jesus manteve-se em silêncio. Diante do que o sumo sacerdote lhe intimou: "Eu te coloco sob juramento diante do Deus vivo e exijo que nos digas se tu és o Cristo, o Filho de Deus!"

[63]Kodwa uYesu wahlala wathi tu. Waphinda umbingeleli omkhulu wathi kuye: "Ndikufungisa uThixo ophilayo okokuba usixelele ukuba unguye na uKrestu, uNyana kaThixo."

[64] "Tu mesmo o declaraste", afirmou-lhe Jesus. "Contudo, Eu revelo a todos vós: Chegará o dia em que vereis o Filho do homem assentado à direita do Todo-Poderoso, vindo sobre as nuvens do céu!"

[64]Wamphendula uYesu wathi: "Nawe utsho. Ke ndithi kuni, ukususela ngoku niya kumbona uNyana woLuntu ehleli ewongeni kwaSomandla, nimbone esiza ngamafu ezulu. "

[65] Diante disso, o sumo sacerdote rasgou as suas vestes denunciando: "Ele blasfemou! Por que necessitamos de outras testemunhas? Eis que acabais de ouvir tal blasfêmia!"

[65]Wazikrazula ke izambatho zakhe umbingeleli omkhulu, esithi: "Únyelise uThixo! Sisawafunelani na amangqina? Niyabona, nikuvile ngoku ukunyelisa kwakhe.

[66] "Que vos parece?" Responderam eles: "Culpado e merecedor de morte é!"

[66]Nithini nina?" Baphendula bathi: "Úfanele ukufa."

[67] Neste momento, alguns cuspiram em seu rosto e o esmurravam, enquanto outros lhe desferiam tapas, vociferando:

[67]Bamtshicela ebusweni ke, bemxhimfa, baza abanye bembetha,

[68] "Profetiza-nos, pois, ó Cristo, quem é que te bateu?"

[68]bathi: "Sixelele, Krestu; ngubani lo ukubethileyo?"

Pedro nega a Jesus

[69] Pedro encontrava-se assentado do lado de fora da casa, no pátio, quando uma criada, aproximando-se dele, afirmou: “Tu também estavas com Jesus, o galileu!”
[70] Ele, entretanto, negou a Jesus perante todos os presentes, declarando: “Não sei do que falas.”
[71] E, saindo em direção à entrada do pátio, foi ele reconhecido por outra criada, a qual o denunciou a todos que ali se achavam, exclamando: “Este homem estava com Jesus, o Nazareno!”
[72] Mas Pedro, sob juramento, o negou uma vez mais, afirmando: “Não conheço tal indivíduo”..
[73] Algum tempo mais tarde, os que estavam ao redor aproximaram-se de Pedro e o acusaram: “Com toda a certeza és igualmente um deles, porquanto o teu modo de falar o denuncia”.
[74] Então, ele começou a jurar e a pedir a Deus que o amaldiçoasse caso não estivesse dizendo a verdade, e exclamou: “Não conheço esse homem!” No mesmo instante um galo cantou.
[75] E naquele momento, Pedro se lembrou da palavra de Jesus que lhe advertira: “Antes que o galo cante, tu me negarás três vezes.” E, deixando aquele lugar, chorou amargamente.

Mateus 27

O suicídio de Judas

UPetros ukhanyela uYesu
(Marko 14:66-72; Luka 22:56-62; Yoh 18:15-18, 25-27)

[41] E Jesus foi sentar-se em frente ao local onde eram depositadas as contribuições financeiras e observava a multidão colocando o dinheiro nas caixas de coleta de ofertas. Muitos ricos lançavam ali grandes quantias.

[42] Foi então que uma viúva pobre se aproximou e depositou duas moedas bem pequenas, de cobre e, portanto, de bem pouco valor.

[43] E chamando para perto de si os seus discípulos, Jesus lhes declarou: "Com toda a certeza vos afirmo que esta viúva pobre depositou no gazofilácio mais do que o fizeram todos os demais ofertantes.

[44] Porquanto, todos eles ofertaram do que lhes sobrava; aquela senhora, entretanto, da sua penúria deu tudo quanto possuía, todo o seu sustento".

Marcos 13

O sermão profético. O princípio de dores

[1] E ocorreu que ao sair Jesus do templo, observou-lhe um de seus discípulos: "Olhai Mestre! Que pedras enormes. Que construções magníficas!".

[2] Entretanto Jesus lhe revelou: "Vês estas suntuosas construções? Pois aqui não restará pedra sobre pedra; serão todas derrubadas!".

[40]Abo bayiphangayo imizi nemfuyo yabahlolokazi, baze bazenzise besitsho ngemilembelele yemithandazo, ngabo abaya kufumana esona sohlwayo sikhulu."

Umnikelo womhlolokazi

(Luka 21:1-4)

[41]UYesu waya kuhlala phantsi endlwini kaThixo malunga nesikhongozeli-mali, wasibukela isihlwele sifaka imali kwisikhongozeli apho. Izityebi ezininzi zazinikela kakhulu.

[42]Ke kwafika mhlolokazi uthile ulihlwempu, wafaka iimalana zambini, ezixabiso limalunga nesenti.

[43]UYesu wababizela kuye abafundi bakhe, wathi kubo: "Ndithi kuni, inene, lo mhlolokazi ulihlwempu unikele ngaphezu kwabo bonke abafake imali kwisikhongozeli.

[44]Kuba bonke abanye banikele bekhupha kwintabalala yabo, kanti yena eswele nje, uzibhokoxile, wanikela konke abenako."

UMarko 13

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo

(Mat 24:1-2; Luka 21:5-6)

[1]Xa ke uYesu wayephuma endlwini kaThixo, omnye umfundi wakhe wathi kuye: "Mfundisi, uyawabona la matye angaka, nezi zakhiwo zingaka?"

[2]Waphendula uYesu wathi kuye: "Uyazibona ezi zakhiwo zingaka? Akusayi kusala litye phezu kwelitye elingayi kudilizwa."

Ukuqala kwentshutshiso

(Mat 24:3-14; Luka 21:7-19)

[3] Então, havendo Jesus se assentado no monte das Oliveiras, de frente para o templo, Pedro, Tiago, João e André o consultaram em particular:

[4] “Dize-nos quando acontecerão estes eventos, e que sinal haverá quando todos eles estiverem prestes a cumprir-se?”

[5] E Jesus passou a preveni-los: “Vede que pessoa alguma vos induza ao erro.

[6] Pois serão muitos os que virão em meu nome, afirmando: ‘Sou eu’; e iludirão multidões.

[7] No entanto, assim que ouvirem notícias sobre guerras e rumores de guerras, não vos assusteis; é necessário que assim ocorra, contudo, ainda não é o fim.

[8] Porquanto nação se levantará contra nação, e reino contra reino. Sucederão terremotos em vários lugares e muita fome por toda parte. Esses acontecimentos são o início das dores!

[9] Ficai vós alertas, pois vos denunciarão aos tribunais e sereis açoitados nas sinagogas. Por minha causa vos farão comparecer à presença de governadores e reis, e isso se constituirá em testemunho para eles.

[10] Contudo, é indispensável que primeiro o Evangelho seja anunciado para todas as nações.

[11] Todas as vezes que fordes presos e levados a julgamento, não vos preocupeis com o que haveis de declarar, porém, o que vos for concedido naquele momento, isso proclamai; porque não sois vós os que falais, mas sim, o Espírito Santo!

[12] E sucederá que um irmão trairá seu próprio irmão, entregando-o à morte, e

[3]UYesu wayehleli eNtabeni yemiNquma, ejongene nendlu kaThixo, baza bambuza bebodwa ooPetros noYakobi noYohane noAndreya, besithi:

[4]“Sixelele ukuba ziya kubakho nini na ezo zinto, nokuba uya kuba yintoni na umqondiso wokuzalisekiswa kwazo.”

[5]Waza wabaphendula uYesu wathi: “Lumkani ningalahlekiswa bani,

[6]kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguye uKrestu, balahlekise into eninzi yabantu.

[7]Xa nithe neva ngeemfazwe nangamarhe eemfazwe, ze ningoyiki, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho, kanti ke akukabi kuko ukuphela oko.

[8]Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani; kuya kubakho iinyikima zomhlaba kwiindawo ngeendawo, kubekho neendlala. Kunjengokuqala kwenimba ke oko.

[9]“Zilumkeleni ke okwenu. Baya kuninikela ezinkundleni, nikatswe ezindlwini zesikhungo, nimiswe phambi kwabalawuli nookumkani ngenxa yam, ningqine kubo.

[10]Kuqala ke iindaba ezimnandi ezi zimelwe kukuvakaliswa kuzo zonke iintlanga.

[11]Xa banibambayo banise ezinkundleni, musani ukuyixhalela into eniya kuyithetha, kodwa thethani oko nithe nakunikwa ngelo xesha, kuba asinini abathethayo, nguMoya oyiNgcwele.

[12]Ke kaloku oonyana bomntu omnye baya kunikelana ekufeni, aze uyise anikele

dessa mesma maneira agirá o pai para com seu filho. Filhos haverá que se revoltarão contra seus próprios pais e os assassinarão.

13 Sereis odiados de todos por minha causa, todavia, aquele que permanecer firme até o seu fim receberá a glória da salvação.

O sermão profético continua. A grande tribulação

14 Então, quando virdes o sacrilégio horrível posicionado no lugar onde não deve estar , os que estiverem na Judéia fujam para os montes.

15 Quem estiver sobre a laje que cobre as vossas casas, fugi depressa, nem entre para retirar dela qualquer de vossos pertences.

16 Quem estiver no campo não retorne para apanhar seu manto.

17 Como serão terríveis aqueles dias, principalmente para as grávidas e para as mães que estiverem amamentando!

18 Orem para que estes eventos não venham a ocorrer no inverno.

19 Pois aqueles serão dias de tamanho sofrimento, como jamais houve desde que Deus criou o mundo até agora, nem nunca mais haverá.

20 Portanto, se o Senhor não tivesse reduzido aquele período, nenhum ser de carne e osso sobreviveria. Contudo, por causa dos eleitos por Ele escolhidos, tais dias foram abreviados pelo Senhor.

21 Se, todavia, alguém lhes anunciar: 'Eis aqui o Cristo!' Ou ainda:'Ei-lo logo ali!' Não deis qualquer crédito a isso!

umntwana wakhe, baze nabantwana bavukele abazali, bababulale.

13Niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam. Ke lowo unyamezelayo kude kube sekupheleni wosindiswa."

Imbandezelo enkulu

(Mat 24:15-28; Luka 21:20-24)

14"Ke kaloku, xa nithe nalibona 'isikizi elimanyumnyezi, mhla ngophanziso,' lilapho lingamelwe kukuba khona (ofundayo makaqiqe),mabathi ngelo xesha abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni.

15Ophezu kwendlu ke makangehli ukuya kuthatha nto endlwini yakhe.

16Nalowo usentsimini makangabi sayiphuthuma ingubo yakhe.

17Hayi ke kwabanzima nabadlezana ngaloo mihla!

18Thandazelani ukuba oku kungenzeki ebusika,

19kuba ngaloo mihla kuya kubakho imbandezelo engazange ibekho ukususela ekudalweni kwendalo nguThixo, kude kube ngoku, kwaye ingasayi kuphinda ibekho enjalo.

20Ke ukuba iNkosi ibingayinciphisanga loo mihla, bekungayi kubakho bani usindayo; kodwa iNkosi ithe, ngenxa yabanyulwa abachongwe yiyo, yayinciphisa imihla leyo.

21"Ngelo xesha ke, ukuba ubani uthe kuni: 'Nanku apha uKrestu;' nokuba uthe: 'Nankuya phaya;' musani ukukholwa kuloo nto;

22 Pois surgirão falsos cristos e falsos profetas, realizando sinais e maravilhas, com o objetivo de enganar, se possível, os próprios eleitos.

23 Desse modo estai vigilantes, pois sobre tudo isso vos avisei com antecedência!

O sermão profético continua. A vinda do Filho do Homem

24 Porém, naqueles dias, depois do referido período de tribulação, 'o sol escurecerá e a lua não dará a sua luz;

25 as estrelas cairão do céu e os poderes celestes serão abalados'.

26 Então o Filho do homem será visto chegando nas nuvens, com grande poder e glória.

27 Ele enviará os seus anjos e reunirá os seus eleitos dos quatro ventos, das extremidades da terra até os confins do céu.

A parábola da boa figueira

28 Portanto, aprendei com o ensino da figueira: Quando seus ramos se renovam e suas folhas começam a brotar, sabeis que o verão vem chegando.

29 Dessa mesma maneira, assim que observardes esses sinais ocorrendo, sabei que o tempo está próximo, já às portas.

30 Com toda a certeza vos afirmo que não passará esta geração até que todos esses fatos ocorram.

22kuba kuya kuvela abathi banguKrestu bengenguye, kuvele nabashumayeli abangengabo, benze imiqondiso nemimangaliso kangangokuba bade balahlekise nabanyulwa bakaThixo, ukuba oko bekunokwenzeka.

23Lumkani ke nina! Kaloku ndinixelele ezi zinto zingekenzeki."

Ukuza koNyana woLuntu

(Mat 24:29-31; Luka 21:25-28)

24"Ngaloo mihla, emva kwayo loo mbandezelo, ilanga liya kwenziwa mnyama, ithi nenyanga ingakhanyi,

25zithi neenkwenkwezi zivuthuluke ezulwini, nako konke okunamandla esibhakabhakeni kudunga-dungeke.

26Baya kumbona ke ngelo xesha uNyana woLuntu esiza esemafini, enamandla amakhulu nobuqaqawuli.

27Ngelo xesha uya kuthuma izithunywa zezulu zibahlanganisele ndawonye abanyulwa bakhe, bevela kumacala omane omhlaba, kususela esiphelweni sehlabathi kuse esiphelweni sezulu."

Umzekeliso ngomkhiwane

(Mat 24:32-35; Luka 21:29-33)

28"Fundani kuwo umkhiwane ongumzekelo kuni. Xa sewuthe wathamba amasebe, wahluma amagqabi, niyazi ukuba ihlobo likufuphi.

29Ngokukwanjalo ke, xa nithe nazibona ezo zinto zisenzeka, yazini ukuba kukufuphi, sekusemnyango.

30Ndithi kuni, inene, esi sizukulwana asiyi kudlula, zingadanga zenzeke zonke ezi zinto.

[31] Os céus e a terra passarão, contudo as minhas palavras nunca passarão. Só Deus sabe o dia e a hora. Vigiai!

O sermão profético continua. A vigilância

[32] Todavia, a respeito daquele dia ou hora ninguém sabe; nem os anjos no céu, nem o Filho do homem, senão apenas o Pai.

[33] Estai, pois, atentos e vigiai! Porquanto não cabe a vós saber quando será este tempo.

[34] É como um homem que viaja para outro país e, deixando a sua casa, encarrega cada um de seus servos das suas tarefas e ordena ao porteiro que vigie.

[35] Vigiai, pois, uma vez que não sabeis quando regressará o dono da casa: se à tarde, à meia-noite, ao cantar do galo ou mesmo ao raiar do dia.

[36] E, em vindo repentinamente, que não vos surpreenda entregues ao sono.

[37] O que vos tenho dito, proclamo a todos: Vigiai!".

Marcos 14

A consulta dos sacerdotes

[1] Restavam somente dois dias para a Páscoa e para a festa dos pães sem fermento. Os chefes dos sacerdotes e os mestres da lei buscavam um meio de surpreender Jesus em qualquer erro e assim poder condená-lo à morte.

[2] Entretanto, comentavam: "Que não seja durante as festividades, para que o povo não se tumultue".

[31]Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule."

Phaphani nilinde

(Mat 24:36-44)

[32]"Ke akukho bani uwaziyo loo mhla nelo xesha. Nezithunywa ezisezulwini azazi, engazi naye uNyana lo. Kuphela nguYise owaziyo.

[33]Lumkani ke ningozeli, kuba anazi ukuba lofika nini na ixesha elo.

[34]Kufana nomntu ohambeleyo eshiya indlu yakhe, aze azinike igunya izicaka zakhe, enika umsebenzi isicaka ngasinye, amyalele umgcinisango ukuba alinde.

[35]Lindani ke, kuba ningâzi ukuba wofika nini na umninindlu. Kaloku angafika nanini na: nokuba kungolwemivundla, nokuba kusezinzulwini zobusuku, nokuba kungeenkuku zokuqala, nokuba kuxa kumpondo zankomo.

[36]Lindani ke, hleze afike ngebhaqo, anifumane nilele.

[37]Ke oko ndikuthethayo kuni, ndikutsho kubo bonke: Lindani!"

UMarko 14

UYesu uyabhungwa

(Mat 26:1-5; Luka 22:1-2; Yoh 11:45-53)

[1]Ke kaloku kwakuziintsuku ezimbini phambi kwePasika netheko lezonka ezingenagwele. Ke ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho babefuna iqhinga lokumbamba uYesu, bambulale.

[2]Kodwa babesithi: "Oku makungenziwa ngePasika, hleze kubekho isiphithi-phithi."

O jantar em Betânia

3 E estando Jesus em Betânia, reclinado à mesa na casa de certo homem conhecido como Pedro, o leproso, achegou-se dele uma mulher portando um frasco de alabastro contendo valioso perfume, feito de nardo puro; e, quebrando o alabastro, derramou todo o bálsamo sobre a cabeça de Jesus.

4 Diante disso, indignaram-se alguns dos presentes, e a criticavam entre si: “Para que este desperdício de tão valioso perfume?

5 Um bálsamo como este poderia ser vendido por trezentos denários, e o dinheiro ser doado aos pobres”. E a censuravam severamente.

6 “Deixai-a em paz!”- ordenou-lhes Jesus. “Por que causais problemas a esta mulher? Ela realizou uma boa ministração para comigo”.

7 Quanto aos pobres, sempre os tendes ao vosso lado, e os podeis ajudar todas as vezes que o desejardes, todavia a mim nem sempre me tereis.

8 A mulher fez tudo que estava ao seu alcance. Derramou o bálsamo sobre mim, antecipando a preparação do meu corpo para o sepultamento.

9 Com toda a certeza Eu vos asseguro: onde quer que o Evangelho for pregado, por todo o mundo, será também proclamada a obra que esta mulher realizou, e isso para que ela seja sempre lembrada”.

O preço da traição

10 E, depois disso, Judas Iscariotes, um dos Doze, foi encontrar-se com os chefes dos

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani

(Mat 26:6-13; Yoh 12:1-8)

3Kwathi uYesu eseBhetani, esetafileni endlwini kaSimon uZitshangubana, kwafika umntu obhinqileyo, eneqhaga lelitye lelabhastile, linamafutha angangxengwanga axabiso likhulu esiqholo esiyinadusi. Waliqhekeza ke elo qhaga, wathambisa intloko kaYesu ngamafutha lawo.

4Kwakukho abathile abacaphukáyo, besithi omnye komnye: “Kutheni na ukuba kwenziwe le nkcitho yamafutha aqholiweyo?

5Ngethengiswe ngemali engaphezu kweerandi ezingamakhulu amathathu, kwaphiwa amahlwempu.” Baza ke bayikhalazela loo ntokazi.

6UYesu ke wathi: “Myekeni; nimkhathazelani? Úndenzele into entle.

7Kaloku amahlwempu lawo nihleli ninawo: nanini na nakuthanda ningawanceda. Mna ke anihleli ninam.

8Le ntokazi yenze loo nto ibinokuyenza. Umzimba wam iwuthambisele ukungewatywa kwangaphambili.

9Ndithi kuni, inene, naphi na apho zithe zavakaliswa khona ezi ndaba zimnandi kulo lonke ihlabathi, iya kuxelwa nayo le nto iyenzileyo yona, ibe sisikhumbuzo ngayo.”

UJudas uceba ukungcatsha uYesu

(Mat 26:14-16; Luka 22:3-6)

10UJudas Sikariyoti, omnye wabafundi abalishumi elinambini, wesuka ke waya

sacerdotes, com o propósito de lhes entregar Jesus.

[11] Ao ouvirem a proposta, eles ficaram muito satisfeitos e se comprometeram a lhe pagar algum dinheiro. E, por isso, ele procurava uma oportunidade para entregá-lo.

A última Páscoa. A Santa Ceia

[12] E, no primeiro dia da festa dos pães sem fermento, quando tradicionalmente se sacrificava o cordeiro pascal, os discípulos de Jesus o consultaram: “Onde desejas que vamos e façamos os preparativos para ceares a Páscoa?”

[13] Então Ele enviou dois de seus discípulos instruindo-lhes: “Ide à cidade, e certo homem carregando um cântaro de água virá ao vosso encontro.

[14] Segui-o e dizei ao proprietário da casa onde ele entrar que o Mestre deseja saber: ‘Onde está a minha sala de jantar onde cearei a Páscoa com os meus discípulos?’.

[15] E aquele homem vos mostrará um amplo cenáculo todo mobiliado e pronto; ali fazei os preparativos”.

[16] Partiram, pois, os discípulos e chegaram na entrada da cidade onde encontraram tudo como Jesus lhes havia predito. E ali prepararam a Páscoa.

[17] Ao pôr-do-sol chegou Jesus com seus Doze.

[18] E quando estavam ceando, reclinados à mesa, Jesus lhes revelou: “Com toda a certeza vos afirmo que um dentre vós, este que come comigo, me trairá”.

kubabingeleli abaziintloko ukuze amnikele kubo uYesu.

[11]Bathi bona bakuva bavuya, bamthembisa ngemali. Yena ke wahlala efuna ithuba lokuba amnikele.

UYesu nabafundi bakhe batya iPasika

(Mat 26:17-25; Luka 22:7-14,21-23; Yoh 13:21-30)

[12]Ke kaloku ngowokuqala umhla wetheko lezonka ezingenagwele, xa kwakubingelelwa itakane lePasika, abafundi bakaYesu bathi kuye: “Ufuna ukuba siye kuyilungiselela phi na iPasika?”

[13]Ke wathuma bababini kubafundi bakhe, wathi kubo: “Hambani niye esixekweni. Nodibana nomfo ophethe ingqayi yamanzi. Mlandeleni ke,

[14]niye kuloo ndlu angena kuyo, nithi kumnini-mzi: ‘Uthi uMfundisi: “Liphi na igumbi leendwendwe elilungiselelwe mna, apho ndingáyidlela khona iPasika nabafundi bam?” ’

[15]Yena wonibonisa igumbi elikhulu, eliphezulu, linempahla yalo. Lungiselelani apho ke.”

[16]Bahamba abo bafundi, baya kungena esixekweni, bafika kunjengoko wayetshilo, bayilungiselela iPasika.

[17]Kwakuhlwa, wafika uYesu, enabafundi bakhe abalishumi elinambini.

[18]Bakuba behleli besitya, uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, omnye kuni apha, nina nityayo kunye nam, uya kundingcatsha.”

[19] Eles ficaram consternados e lhe afirmavam: “É certo que não serei eu!”.

[20] Mas, asseverou-lhes Jesus: “É um dos Doze, aquele que come comigo do mesmo prato.

[21] O Filho do homem vai, conforme está escrito a respeito dele. No entanto, infeliz daquele que trai o Filho do homem! Melhor lhe fora jamais haver nascido!”.

O ato de partilhar o pão e o cálice

[22] E, enquanto ceavam, tomou Jesus um pão e, tendo dado graças, o partiu, e o serviu aos seus discípulos, declarando: “Tomai, isto é o meu corpo”.

[23] Em seguida, tomou Jesus um cálice, deu graças e o entregou aos discípulos, e todos beberam dele.

[24] Então lhes revelou: “Isto é o meu sangue da Aliança, o qual é derramado para o bem de muitos.

[25] Com toda a certeza vos afirmo que não voltarei a beber do fruto da videira, até aquele dia em que beberei o vinho novo no Reino de Deus”.

[26] E, depois de haverem cantado um salmo, partiram para o monte das Oliveiras.

Pedro é avisado

[27] Então, Jesus lhes advertiu: “Todos vós me abandonareis. Pois está escrito: ‘Ferirei o pastor, e as ovelhas serão dispersas’.

[28] Contudo, depois da minha ressurreição, partirei adiante de vós rumo à Galiléia”.

[19]Baza ke baba buhlungu, besithi kuye ngabanye ngabanye: “Ngaba iya kuba ndim na? Ngaba iya kuba ndim na?”

[20]Waphendula ke wathi kubo: “Iya kuba ngomnye kubafundi abalishumi elinambini, lowo usithi nkxu kunye nam isonka esityeni.

[21]Okunene uNyana woLuntu uyemka, njengoko zitshoyo ngaye iziBhalo; kodwa hayi loo mntu angcatshwa nguye uNyana woLuntu! Ngekumlungele ukuba ebengazalwanga.”

Ukusungulwa komthendeleko

(Mat 26:26-30; Luka 22:15-20; 1 Kor 11:23-25)

[22]Xa babesitya, uYesu wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wabanika, wathi: “Thathani nitye; ngumzimba wam lo.”

[23]Wathatha nendebe, wabulela, wabanika, basela kuyo bonke.

[24]Wathi ke kubo: “Ligazi lam eli elitywina umnqophiso, eliphalazwa ngenxa yabaninzi.

[25]Ndithi kuni, inene, andiyi kuphinda ndisele kwincindi yomdiliya, kude kube yiloo mini ndiyisela intsha kwikomkhulu likaThixo. ”

[26]Bakuba becule indumiso, baphuma baya eNtabeni yemiNquma.

UYesu ulumkisa uPetros

(Mat 26:31-35; Luka 22:31-34; Yoh 13:36-38)

[27]UYesu wathi kubo: “Ndiya kuba sisikhubekiso kuni nonke, kuba iziBhalo zithi: ‘Ndiya kubulala umalusi, zichithakale iigusha!’

[28]Xa ke ndithe ndavuswa ekufeni, ndiya kunandulela ukuya kwelaseGalili.”

[29] Pedro exclamou: “Mesmo que todos te abandonem, eu nunca te deixarei!”.

[30] Replicou-lhe Jesus: “Com toda a certeza te asseguro que ainda hoje, nesta noite, antes que por duas vezes cante o galo, tu me negarás três vezes”.

[31] Entretanto, Pedro insistia com eloquência: “Ainda que seja preciso que eu morra ao teu lado, jamais te negarei!”. E da mesma maneira responderam todos os demais.

Jesus no Getsêmani

[32] Então caminharam para um lugar chamado Getsêmani e, tendo chegado, solicitou Jesus aos seus discípulos: “Assentai-vos aqui, enquanto Eu vou orar”.

[33] E levou consigo a Pedro, Tiago e João, e começou a sentir grande temor e profunda angústia.

[34] E compartilhou com eles: “Minha alma está extremamente triste até à morte; ficai pois aqui e vigiai”.

[35] Caminhou um pouco mais adiante e, prostrando-se, orava para que, se possível, àquela hora fosse afastada dele.

[36] E rogava: “Abba, Pai, todas as coisas são possíveis para ti, afasta de mim este cálice; todavia, não seja o que Eu desejo, mas sim o que Tu queres”.

[37] Ao voltar para seus discípulos, os surpreendeu dormindo: “Simão!”- chamou Ele a Pedro. “Estais dormindo? Não conseguistes vigiar nem por uma hora?

[38] Vigiai e orai, para não cairdes em tentação, pois, de um lado, o espírito está pronto, mas, por outro lado, a carne é fraca”.

[29]Wathi ke uPetros kuye: “Nokuba baya kukhubeka bonke, mna andingekhe!”

[30]UYesu wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, namhlanje, kwangobu busuku, ingekakhali kabini inkuku, uya kundikhanyela kathathu.”

[31]Kodwa yena waqokela wathi: “Noba kungade kufuneke ndife kunye nawe, andingekhe ndikukhanyele!” Batsho ke bonke.

UYesu uthandaza eGetsemane

(Mat 26:36-46; Luka 22:39-46)

[32]Ke kaloku bafika kumhlatyana ogama liyiGetsemane; waza uYesu wathi kubafundi bakhe: “Hlalani apha ngeli xa ndithandazayo.”

[33]Wahamba noPetros noYakobi noYohane, waza wangenwa luvalo, wadandatheka kakhulu,

[34]wathi kubo: “Intliziyo yam ibuhlungu ukufa, iligazi. Hlalani apha nilinde.”

[35]Ehambele phambili umganyana ke, wawa emhlabeni, wathandazela ukuba loo ndebe ikrakra idlule kuye ukuba kunokwenzeka.

[36]Wayesithi ke: “Bawo, wena akuxakwa nto. Yisuse kum le ntlungu. Noko ke, makungabi kokuthandwa ndim, makube kukuthanda kwakho.”

[37]Wafika ke, wabafumana abo bafundi belele, wathi kuPetros: “Simon, ulele? Ubungenakulinda na okweli thutyana?

[38]Lindani nithandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni. Umoya wona okunene unentumekelelo, ke wona umzimba ubuthathaka.”

[39] E, uma vez mais, Ele se afastou e orou, repetindo as mesmas expressões.

[40] Ao regressar, novamente os encontrou dormindo, porque seus olhos estavam pesados, mas não sabiam como justificar-se.

[41] Voltando ainda uma terceira vez, Ele lhes admoestou: "Ainda dormis e descansais? Basta! Eis que a hora é chegada! O filho do Homem está sendo entregue nas mãos dos pecadores.

[42] Levantai-vos, pois, e vamos! Eis que chegou aquele que me está traindo!".

Jesus é preso

[43] Jesus ainda não havia terminado de falar, quando surgiu Judas, um dos Doze. E com ele chegou uma multidão armada de espadas e cassetetes, vinda da parte dos chefes dos sacerdotes, mestres da lei e líderes religiosos.

[44] Ora, o traidor tinha combinado um sinal com eles: "Aquele a quem eu saudar com um beijo, é Ele: prendei-o e levai-o sob forte segurança".

[45] Então, assim que chegou, dirigiu-se imediatamente para Jesus e o saudou: "Rabbi!". E o beijou.

[46] Em seguida, os homens agarraram Jesus e o prenderam.

[47] Nesse momento, um dos que estavam bem próximos puxou da espada e feriu o servo do sumo sacerdote, decepando-lhe a orelha.

[48] Exclamou-lhes Jesus: "Acaso estou Eu liderando alguma rebelião, para virdes me prender com espadas e cassetetes?

[39]Wabuya wemka, waya kuthandaza kwangalawa mazwi.

[40]Wathi akubuya wabafumana belele, kuba babesoyiswa bubuthongo. Bona ke baxakwa kukumphendula.

[41]Wafika ke okwesithathu, wathi kubo: "Nisalele? Nisaphumla na? Kwanele! Lifikile ixesha! Ngoku uNyana woLuntu unikelwa ezandleni zaboni.

[42]Vukani, sihambe! Nanko lowo undinikelayo."

Ukubanjwa kukaYesu

(Mat 26:47-56; Luka 22:47-53; Yoh 18:3-12)

[43]Kwangoko, uYesu esathetha, wathi gqi uJudas ongomnye wabafundi abalishumi elinambini, ehamba nendimbane inamakrele neentonga, iphuma kubabingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho namadoda amakhulu.

[44]Ke kaloku umngcatshi lowo wayebanike umqondiso esithi: "Lowo ndithe ndamanga, nguye. Mbambeni, nimke naye angaphuncuki."

[45]Efikile ke uJudas, uye kuYesu, wathi: "Mfundisi!" Wamanga.

[46]Bambamba ke uYesu,

[47]waza omnye wâbo babemi khona, warhola ikrele, wasixabela isicaka sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe.

[48]UYesu ke wathi kubo: "Niphumele ukuza kubamba mna, ninamakrele neentonga nje, ngokungathi niphumele isihange?

[49] Pois diariamente tenho estado convosco no templo, vos ensinando, e não me prendestes. Contudo, é para que se cumpram as Escrituras".

[49]Bendinani imihla ngemihla ndifundisa endlwini kaThixo, naza anandibamba. Kodwa kunje ukuze zizaliseke iziBhalo."

[50] Logo em seguida, todos fugiram e o abandonaram.

[50]Emva koko ke babaleka bonke abafundi, bamshiya.

[51] Certo jovem, vestindo apenas um lençol de linho, estava seguindo Jesus, quando também tentaram prendê-lo.

[51]UYesu wayelandelwa yindodana ethile, ithe wambu ingubo yelinen kuphela. Yona yabanjwa,

[52] Mas ele, largando o lençol, fugiu desnudo.

[52]kodwa yasuka yayishiya ingubo leyo, yabaleka izé.

Jesus perante o Sinédrio

UYesu ephambi kombingeleli omkhulu

(Mat 26:57-68; Luka 22:54-55,63-71; Yoh 18:13-14,19-24)

[53] Levaram Jesus ao sumo sacerdote; e então se reuniram todos os chefes dos sacerdotes, os líderes religiosos e os mestres da lei.

[53]UYesu ke bamsa kumbingeleli omkhulu, baza babuthelana khona bonke ababingeleli abaziintloko, namadoda amakhulu, nabachazi-mthetho.

[54] Pedro o seguiu de longe até o pátio do sumo sacerdote. E permaneceu assentado entre os criados, aquecendo-se junto ao fogo.

[54]Ke yena uPetros walandela uYesu ebekele kude, wada waya kungena eyadini yomzi wombingeleli omkhulu, wahlala phantsi ndawonye nezicaka, wotha umlilo.

[55] Os chefes dos sacerdotes e todo o Sinédrio estavam buscando denúncias contra Jesus, todavia não conseguiam encontrar nenhuma.

[55]Ke ababingeleli abaziintloko nalo lonke iBhunga babefuna ubungqina ngoYesu, ukuze bambulale, kodwa ababufumananga,

[56] Várias pessoas também testemunharam falsamente contra Ele, contudo, suas declarações não se mostraram coerentes.

[56]kuba nangona babebaninzi ababethetha ubuxoki ngaye, ubungqina babo babungahlangani.

[57] Então, outros se levantaram para testemunhar inverdades contra Ele:

[57]Basuka ke abathile bangqina ubuxoki ngaye, besithi:

[58] Nós o ouvimos exclamar: "Eu destruirei este templo construído por mãos humanas e em três dias edificarei outro, não erguido por mãos de homens".

[58]"Thina samva esithi: 'Mna ndiya kuyichitha le ndlu kaThixo yakhiwe ngabantu, ndize ngeentsuku ezintathu ndakhe enye engakhiwanga ngabantu.' "

[59] Entretanto, nem mesmo quanto a essa acusação o testemunho deles era congruente.

[59]Kanti ke nobabo ubungqina babungadibani.

[60] Então o sumo sacerdote levantou-se diante de todos e interrogou a Jesus: "Nada contestas à denúncia que estes levantam contra ti?"

[60]Waphakama ke umbingeleli omkhulu, wabuza kuYesu esithi: "Phika, watyholwa! Ithini impendulo yakho?"

[61] Ele, contudo, permaneceu em silêncio e nada replicou. Mas o sumo sacerdote voltou a indagá-lo: "És tu o Messias, o Filho do Deus Bendito?"

[61]Kodwa yena wahlala wathi tu, akaphendula. Waphinda umbingeleli omkhulu wambuza esithi: "Unguye na uKrestu, uNyana walowo ungowokubongwa?"

[62] Jesus asseverou: "Eu Sou! E vereis o Filho do homem assentado à direita do Poderoso e chegando com as nuvens do céu".

[62]Wathi ke uYesu: "Ndinguye. Nangoku niya kumbona uNyana woLuntu, ehleli ewongeni kwaSomandla, nimbone esiza ngamafu ezulu."

[63] Diante disto, o sumo sacerdote rasgou suas vestes e esbravejou: "Por que ainda necessitamos de outras testemunhas?"

[63]Wazikrazula iingubo zakhe umbingeleli omkhulu, esithi: "Sisawafunelani na amangqina?

[64] "Ouvistes a blasfêmia! Que vos parece?" E todos o julgaram merecedor da pena de morte.

[64]Nikuvile ukunyelisa kwakhe. Nithini na nina?" Bamgweba ke bonke ukuba unetyala, besithi ufanele ukufa.

[65] E assim alguns começaram a cuspir nele; encapuzaram-no, vendando seus olhos e, esmurrando-o, exclamavam: "Profetiza!". E os guardas o levaram debaixo de bofetadas.

[65]Yaza ke inxenye yabo yamtshicela, yamgquma ubuso, yambetha, isithi kuye: "Xela; ubethwe ngubani?" Nezicaka ke zamntlitha-ntlitha.

Pedro nega a Jesus

UPetros ukhanyela uYesu

(Mat 26:69-75; Luka 22:56-62; Yoh 18:15-18,25-27)

[66] Continuando Pedro na parte de baixo, no pátio, uma das criadas do sumo sacerdote passou por ali.

[66]UPetros ke esezantsi eyadini yomzi, kweza kuye esinye kwizicakazana zombingeleli omkhulu.

[67] E, vendo a Pedro se aquecendo, fixou bem seus olhos nele e afirmou: "Tu também estavas com Jesus, o Nazareno!".

[67]Sithi sona sakumbona uPetros esotha, samqwalasela, sathi: "Nawe ubunaye umNazarete uYesu."

[68] Todavia, ele o negou, assegurando: "Não o conheço, nem ao menos sei do que estás falando". Então foi para fora, em direção ao pórtico. E um galo cantou.

[68]Wakhanyela esithi: "Andazani konke nale nto uyithethayo!" Waphuma ke esiya ngasesangweni.

[69] Quando a criada o viu lá, começou novamente a falar às pessoas que estavam em derredor: "Este é um deles!".

[69]Isicakazana eso siphinde sambona, saza sathi kwabo babemi khona: "Lo ngomnye wabo."

[70] Porém, uma vez mais, ele o negou. E, pouco tempo mais tarde, os que estavam sentados ali perto identificaram Pedro: “Com toda a certeza, tu és um deles, pois és galileu também!”.

[71] Pedro começou a amaldiçoar-se e a jurar: “Não conheço esse homem de quem falais!”.

[72] E, em seguida, o galo cantou pela segunda vez. Então Pedro se lembrou da palavra que Jesus lhe dissera: “Antes que duas vezes cante o galo, tu me negarás três vezes”. E, percebendo o que fizera, caiu em profundo pranto.

[70]Waphinda ke wakhanyela uPetros. Kwathi, kwakuba mzuzwana, abo babemi khona baphinda bathi kuPetros: “Inene, ungomnye wabo, kuba ungowaseGalili.”

[71]Waza ke uPetros waziqalekisa efunga esithi: “Andimazi lo mntu nithetha ngaye!”

[72]Yakhala okwesibini inkuku. Walikhumbula uPetros ilizwi awayelithethe kuye uYesu, esithi: “Ingekakhali kabini inkuku, woba undikhanyele kathathu.” Woyisakala ke, walila.

Marcos 15

Jesus perante Pilatos

[1] Ao raiar do dia, entraram em assembléia os chefes dos sacerdotes com os líderes religiosos, os mestres da lei e todo o Supremo Tribunal dos Judeus e tomaram uma decisão: amarraram Jesus, levaram-no e o entregaram a Pilatos.

[2] Então Pilatos o interrogou: “És tu o rei dos judeus?” Ao que Jesus lhe replicou: “Tu o dizes”.

[3] E os chefes dos sacerdotes passaram a levantar várias outras acusações contra Ele.

[4] Por isso Pilatos indagou uma vez mais: “Nada respondes? Vê quantas acusações te fazem!”.

[5] Mas Jesus não respondeu uma só palavra, a ponto de Pilatos ficar muito impressionado.

UMarko 15

UYesu phambi koPilato

(Mat 27:1-2,11-14; Luka 23:1-5; Yoh 18:28-38)

[1]Kwakusa ke, ababingeleli abaziintloko benza isigqibo, benamadoda amakhulu nabachazi-mthetho neBhunga liphela. Bambopha ke uYesu, bemka naye, bamnikela kuPilato.

[2]UPilato wambuza esithi: “Unguye na ukumkani wamaJuda?” Waphendula yena wathi kuye: “Nawe utsho.”

[3]Bammangalela ke uYesu ngeendawo ezininzi ababingeleli abaziintloko.

[4]Waphinda uPilato wambuza esithi: “Akuphenduli nento le na? Khangela ukuba ninzi kwazo iindawo abakumangalela ngazo.”

[5]Noko ke uYesu akaphendulanga nento le, ngokokude amangaliswe uPilato.

UYesu ugwetyelwa ukufa

(Mat 27:15-26; Luka 23:13-25; Yoh 18:39-19:16)

[6] Ora, por ocasião da festa, fazia parte da tradição libertar um prisioneiro por aclamação popular.

[7] Um homem conhecido por Barrabás estava na prisão junto a rebeldes que haviam cometido assassinato durante uma rebelião.

[8] Concentrando-se a multidão, clamaram a Pilatos que lhes outorgasse o direito de costume nessas ocasiões.

[9] E Pilatos lhes ofereceu: "Quereis que eu vos liberte o rei dos judeus?"

[10] Porquanto ele bem sabia que fora por inveja que os chefes dos sacerdotes lhe haviam entregado Jesus.

[11] Então os chefes dos sacerdotes instigaram a multidão a rogar a Pilatos que, ao contrário, soltasse Barrabás.

[12] Contudo Pilatos lhes questionou: "Assim sendo, que farei com este a quem chamais o rei dos judeus?"

[13] Mas eles gritavam: "Crucifica-o!".

[14] "Por quê? Que mal fez este homem?" Inquiriu Pilatos. Todavia, eles clamavam ainda mais decididos: "Crucifica-o!".

[15] Então, Pilatos, para satisfazer a todo aquele povo reunido, soltou-lhes Barrabás; ordenou que Jesus fosse açoitado e depois o sentenciou à crucificação.

Jesus é humilhado pelos soldados

[16] Em seguida, os soldados agarraram Jesus e o conduziram para dentro do palácio, isto é, ao Pretório, e agruparam toda a tropa.

[6]Ke kaloku ngePasika uPilato wayedla ngokubakhululela umbanjwa abe mnye – lowo ke babethi bamcele.

[7]Ke kwakukho mbanjwa uthile unguBharabha owayebanjwe kunye nabanye abenzi besaqunge, ababebanjwe ngokubulala xa kwakukho isidubedube.

[8]Safika ke isihlwele, saza sacela ukuba uPilato enze ngokwesiqhelo.

[9]Waphendula uPilato esithi: "Nithanda ukuba ndinikhululele ukumkani wamaJuda na?"

[10]Wayesazi ukuba ababingeleli abaziintloko bamnikele ngomona uYesu.

[11]Ke bona ababingeleli abaziintloko basifunza isihlwele ukuba sicele ukuba asikhululele uBharabha, ingabi nguYesu.

[12]Waphinda wabuza uPilato, esithi: "Ndimthini na ke lowo nina nithi ngukumkani wamaJuda?"

[13]Baphendula bekhwaza besithi: "Mbethelele emnqamlezweni!"

[14]Wathi ke kubo uPilato: "Kuba enze bubi buni na?" Kodwa kwaba kukhona bankqangazayo, besithi: "Mbethelele emnqamlezweni!"

[15]UPilato ke, efuna ukusikholisa isihlwele, wamkhulula uBharabha, uYesu yena wamnikela ukuba akatswe, abethelelwe emnqamlezweni.

Amajoni ahlekisa ngoYesu

(Mat 27:27-31; Yoh 19:2-3)

[16]Amajoni amsa uYesu ngaphakathi kweyadi yomzi werhuluneli, alibizela ndawonye ibutho lawo liphela.

[17] Vestiram-no com um manto de cor púrpura real, depois teceram uma coroa de espinhos e a cravaram sobre sua cabeça.

[18] E começaram a saudá-lo: “Salve! Ó rei dos judeus!”.

[19] Espancavam-lhe a cabeça com uma vara e cuspiam sobre ele. Ajoelhavam-se e lhe rendiam adoração.

[20] Depois de haverem zombado dele, despiram-lhe o manto de cor púrpura e o vestiram com suas próprias roupas. Então o levaram para fora, a fim de crucificá-lo.

A crucificação

[21] E ocorreu que certo homem de Cirene, chamado Simão, pai de Alexandre e de Rufo, passava por ali, vindo do campo. Eles o forçaram a carregar a cruz.

[22] Levaram Jesus para um lugar denominado Gólgota, que significa local da Caveira.

[23] E lhe deram vinho misturado com mirra, mas Ele não o bebeu.

[24] Então o crucificaram. Dividindo suas vestes, jogaram sortes para saber com que parte cada um iria ficar.

[25] Eram nove horas da manhã quando o crucificaram.

[26] E assim ficou escrito na acusação contra Ele: O REI DOS JUDEUS.

[27] Junto a Jesus crucificaram dois criminosos, um à sua direita e outro à sua esquerda.

[17]Amambathisa ingubo ebomvu uYesu, athi, eluke isithsaba sameva, amthi jize ngaso,

[18]aza akhahlela esithi: “Aa, kumkani wamaJuda!”

[19]Ambetha entloko ngengcongolo, amtshicela, akhahlela.

[20]Athi ke akuba ehlekise ngaye, amhluba loo ngubo ibomvu, amambathisa kwaezakhe, aphuma naye esiya kumbethelela emnqamlezweni.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni

(Mat 27:32-44; Luka 23:26-43; Yoh 19:17-27)

[21]Amajoni ke anyanzela umntu othile, owayedlula evela emaphandleni, ukuba athwale umnqamlezo kaYesu. Lowo wayenguSimon waseKirene, uyise ka-Alesandire noRufo.

[22]Amsa ke uYesu endaweni ekuthiwa yiGolgota (oko kukuthi, xa kuguqulwayo, iNdawo yoKhakhayi).

[23]Apho ke amnika iwayini enesiyobisi, kodwa akavumanga ukuyisela.

[24]Ambethelela ke emnqamlezweni uYesu, aza abelana ngeengubo zakhe, esenza amaqashiso ngazo, ukuze othile athathe ethile.

[25]Ke kaloku kwakungentsimbi yethoba kusasa ukumbethelela kwabo emnqamlezweni.

[26]Phezulu emnqamlezweni kwakubhalwe ityala lakhe, kwathiwa: “UKumkani wamaJuda.”

[27]Kwakubethelelwe kunye naye eminqamlezweni izihange ezibini, esinye ngasekunene, esinye ngasekhohlo.

[28] Cumpriu-se assim a Escritura que diz: “Ele foi contado entre os malfeitores”.

[[28]Kwazaliseka ke okubhalwe eziBhalweni kusithiwa: “Wabalelwa kwabachasene nomthetho.”]

[29] Os transeuntes lançavam-lhe impropérios, gesticulando a cabeça e exclamando: “Ah! Tu que destróis o templo e, em três dias, o reconstróis!

[29]Abadlulayo babemnyelisa uYesu, behlunguzela iintloko, besithi: “Tshotsho! Wena uchitha indlu kaThixo, uyakhe ngeentsuku ezintathu,

[30] Agora desce da cruz e salva-te a ti mesmo!”.

[30]zisindise uhle emnqamlezweni!”

[31] Da mesma maneira os chefes dos sacerdotes e os mestres da lei zombavam dele entre si, exclamando: “Salvou a tantos, mas a si mesmo não pode salvar-se!

[31]Ngokukwanjalo nababingeleli abaziintloko babehlekisa ngaye, bezithethela bekunye nabachazi-mthetho, besithi: “Abanye wabasindisa, kodwa yena ngokwakhe akanako ukuzisindisa.

[32] Que o Cristo, o Rei de Israel, desça agora da cruz, para que o vejamos e creiamos!”. E, de igual modo, os que com Ele foram crucificados o insultavam.

[32] UKrestu, uKumkani wakwaSirayeli, makehle kaloku emnqamlezweni, sibone, size sikholwe.” Kwanâbo babebethelelwe eminqamlezweni kunye naye babemenza isigculelo.

Jesus brada em sua morte

Ukufa kukaYesu

(Mat 27:45-56; Luka 23:44-49; Yoh 19:28-30)

[33] E aconteceu que toda a terra foi coberta pelas trevas, desde o meio-dia até às três horas da tarde.

[33]Ke kaloku ngentsimbi yeshumi elinambini emini, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu emva kwemini.

[34] Então, por volta das três horas da tarde, Jesus bradou em alta voz: “Elohi, Elohi! Lemá sabachthâni?”- que traduzido, quer dizer: “Meu Deus, meu Deus! Por que me abandonaste?”

[34]Ngentsimbi yesithathu ke, uYesu wakhala ngezwi elikhulu, esithi: “Eloyi, Eloyi, lama sabaktani?” (Oko kukuthi xa kuguqulwayo: “Thixo wam, Thixo wam, undishiyeleni na?”)

[35] Alguns dos que presenciavam o que estava ocorrendo, ouvindo isso, comentavam: “Vede, Ele clama por Elias!”.

[35]Ithe ke inxenye yababekho, yakukuva oko, yathi: “Yivani, ubiza uEliya.”

[36] Então, um deles correu e ensopou uma esponja em vinagre, colocou-a na ponta de uma vara e a estendeu até Jesus para que sorvesse. E explicou: “Deixai! Vejamos se Elias vem para tirá-lo daí”.

[36]Wabaleka omnye, wazalisa imfunxa ngewayini emuncu, wayibeka engcongolweni, wamseza, esithi: “Kahleni, khe sibone ukuba uEliya woza kumthula na.”

[37] Todavia, Jesus, com um forte brado, expirou.

[38] Então, o véu do Lugar Santíssimo rasgou-se em duas partes, de alto a baixo.

[39] E, quando o centurião, que estava bem em frente de Jesus, ouviu o seu brado e viu a maneira como expirou, exclamou: “Verdadeiramente, este homem era o Filho de Deus!”.

[40] Algumas mulheres acompanhavam tudo de longe. Entre elas estavam Maria Madalena, Salomé e Maria, mãe de Tiago, o mais jovem, e de José.

[41] Na Galiléia elas tinham seguido e servido a Jesus. Muitas outras mulheres haviam subido com Ele para Jerusalém e, de igual modo, estavam ali presentes.

A sepultura de Jesus

[42] Este era o Dia da Preparação, isto é, a véspera do sábado.

[43] E José de Arimatéia, membro honrado do Supremo Tribunal dos Judeus, que também aguardava o Reino de Deus, dirigiu-se corajosamente a Pilatos e solicitou o corpo de Jesus.

[44] Pilatos recebeu com espanto a notícia de que Jesus já havia falecido. E, chamando o centurião, perguntou-lhe se fazia muito tempo que morrera.

[45] Sendo informado pelo centurião, consentiu em ceder o corpo a José.

[46] Então José comprou um lençol de linho, desceu o corpo da cruz, envolveu-o no lençol e o colocou num sepulcro cavado na

[37]UYesu ke wakhala ngezwi elikhulu, waphuma umphefumlo.

[38]Lathi ikhuselo legumbi elingcwele endlwini kaThixo lakrazuka kubini, kususela phezulu kuye ezantsi.

[39]Ekubonile ukufa kukaYesu, umphathi-butho wamajoni, owayemi malunga naye, wathi: “Inyaniso, lo mntu ebenguNyana kaThixo.”

[40]Kwakukho nabafazi, bekhangele bemgama. Kubo apho kwakukho uMariya waseMagadala, noMariya unina kaYakobi omncinci noYose, ekho noSalomi.

[41]Bona bâmlandela uYesu eseseGalili, bemlungiselela. Kwakukho nabanye abafazi abaninzi ababenyuke naye ukuya eJerusalem.

Ukungcwatywa kukaYesu

(Mat 27:57-61; Luka 23:50-56; Yoh 19:38-43)

[42-43]Kuthe ke kwakuba kuhlwile, kwafika uJosefu waseArimati. Yena wayelilungu elibekekileyo leBhunga, elulindele naye ulawulo lukaThixo. Ekubeni ke kwakuyimini yokulungiselela (oko kukuthi umhla ophambi kowokuPhumla), yena waya kungena ngobuganga kuPilato, wawucela umzimba kaYesu.

[44]Wamangaliswa ke uPilato akuva ukuba uYesu selefile, waza wabiza umphathi-butho wamajoni, wambuza ukuba uYesu selenexesha na efile.

[45]Wathi ke, akuqonda kumphathi-butho lowo, wamnika uJosefu umzimba kaYesu.

[46]UJosefu ke, ethenge ilinen, wamthula uYesu, wamsongela kuyo, wambeka engcwabeni elalixholwe eliweni, waqengqela ilitye, walivala ingcwaba.

rocha. Depois, fez rolar uma pedra sobre a entrada do sepulcro.

47 Ora, Maria Madalena e Maria, mãe de José, viram onde Ele fora depositado.

Marcos 16

A ressurreição

1 Ao encerrar-se o sábado, Maria Madalena, Salomé e Maria, mãe de Tiago, compraram especiarias aromáticas para ungir o corpo de Jesus.

2 Ao raiar do primeiro dia da semana, elas caminharam até o sepulcro.

3 E questionavam umas às outras: "Quem poderá remover para nós a grande pedra que fecha a entrada do sepulcro?"

4 Contudo, ao se aproximarem do local, viram que aquela enorme pedra, havia sido removida da entrada.

5 E, entrando no sepulcro, viram um jovem vestido de túnica branca, assentado à direita, e ficaram muito assustadas.

6 "Não vos amedronteis", disse ele. "Vós buscais a Jesus, o Nazareno, que morreu na cruz. Pois Ele foi ressuscitado! Não está mais aqui. Vede o lugar onde o haviam depositado.

7 Agora ide, dizei aos discípulos dele e a Pedro que Ele está seguindo adiante de vós para a Galiléia. Lá vós o vereis, assim como Ele vos predisse".

8 Apavoradas e trêmulas, as mulheres saíram e fugiram do sepulcro. E não informaram nada a ninguém, pois estavam assombradas e com medo.

47Babona ke ooMariya waseMagadala noMariya unina kaYose apho wayebekwe khona uYesu.

UMarko 16

Ukuvuka kukaYesu

(Mat 28:1-8; Luka 24:1-12; Yoh 20:1-10)

1Ekupheleni koMhla wokuPhumla ooMariya waseMagadala noMariya unina kaYakobi, noSalomi, bathenga iziqholo, ukuze baye kuwuqhola umzimba kaYesu.

2Bona ke bathi, ukuthi chapha kwelanga, kusekusasa kakhulu ngeCawe, baya engcwabeni.

3Babethetha bodwa, besithi: "Ngubani na oya kusiqengqela ilitye lisuke engcwabeni?"

4Elo litye lalilikhulu kakhulu, baza bathi bakukhangela babona ukuba liqengqiwe lesuka engcwabeni.

5Bangena ke engcwabeni, babona indodana ehleli ngasekunene, izithe wambu ngengubo ende emhlophe, baza bamangaliswa.

6Yathi ke yona kubo: "Musani ukumangaliseka. Nifuna uYesu umNazarete, owayebethelelwe emnqamlezweni. Uvukile; akakho apha. Nantsi indawo abebembeke kuyo.

7Hambani niye kubaxelela abafundi bakhe noPetros ukuba uyanandulela ukuya kwelaseGalili. Nombona khona apho njengoko wayetshilo kuni."

8Baphuma ke engcwabeni bebaleka, bengcangcazela besoyika. Abathetha nto ke nakubani, kuba babesoyika.

Aparições de Jesus depois da sua ressurreição

[9] Quando Jesus ressuscitou, ao alvorecer do primeiro dia da semana, apareceu primeiramente a Maria Madalena, de quem havia expulsado sete demônios.

[10] Então, ela foi e comunicou aos que com Ele tinham estado. Eles, porém, estavam desolados e em prantos.

[11] Quando receberam a notícia de que Jesus estava vivo e fora visto por ela, não conseguiram acreditar.

[12] Depois Jesus apareceu, em uma outra forma, a outros dois seguidores que estavam a caminho do interior.

[13] Então, eles retornaram e informaram tudo isso aos demais. Contudo, também no depoimento deles não creram.

[14] Mais tarde Jesus apareceu aos Onze, enquanto estavam reclinados, ceando. Repreendeu-lhes a falta de fé e a dureza dos corações, porque não acreditaram no testemunho daqueles que o tinham visto depois de ressurreto.

[15] E lhes ordenou: “Enquanto estiverdes indo pelo mundo inteiro proclamai o Evangelho a toda criatura.

[16] Aquele que crer e for batizado será salvo. Todavia, quem não crer será condenado!

[17] E estes sinais acompanharão aos que crerem: em meu Nome expulsarão demônios; em línguas novas falarão.

UYesu uzibonakalisa kuMariya waseMagadala
(Mat 28:9-10; Yoh 20:11-18)

[[9]Ekuseni ngeCawe, akuba uYesu evukile ekufeni, wabonakala kuqala kuMariya waseMagadala. Ke yena ngulo uYesu wayekhuphe iindimoni ezisixhenxe kuye.

[10]UMariya ke waya kubaxelela abalandeli bakaYesu, ababekhedamile belila.

[11]Bona ke, bakuva ukuba uYesu uhleli, nokuba ukhe wabonwa nguMariya, basuka àbakholwa.]

UYesu uzibonakalisa kubafundi ababini
(Luka 24:13-35)

[[12]Emva koko wabonakaliswa ngolunye uhlobo kubafundi ababini ababehamba besiya emaphandleni.

[13]Kwanabo ke baya kubaxelela abanye abafundi, kodwa àbakholwa nangabo.]

UYesu uzibonakalisa kubafundi abalishumi elinanye
(Mat 28:16-20; Luka 24:36-49; Yoh 20:19-23; Mseb 1:6-8)

[[14]Emva koko uYesu wazibonakalisa kubafundi abalishumi elinanye besetafileni. Wabakhalimela ngenxa yokungakholwa kwabo nangenxa yokuba lukhuni kweentliziyo zabo, kuba bengakholwa kubo abo babembonile evukile.

[15]Wathi ke kubo: “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezimnandi kulo lonke elimiweyo.

[16]Lowo ukholwayo abhaptizwe wosindiswa; ke yena ongakholwayo wogwetywa.

[17]Nantsi imiqondiso eya kulandelana nâbo bakholwayo: baya kuthi egameni lam bakhuphe iindimoni; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha;

[18] Pegarão serpentes com as mãos; e, se algo mortífero beberem, de modo nenhum lhes fará mal, sobre os enfermos imporão as mãos e eles serão curados!”

Jesus sobe à direita do Pai

[19] Concluindo, depois de lhes ter orientado, o Senhor Jesus foi elevado aos céus e assentou-se à direita de Deus.

[20] Então, os discípulos saíram e pregaram por toda parte; e o Senhor cooperava com eles, confirmando-lhes a Palavra com os sinais que a acompanhavam.

[18]baya kuziphatha ngesandla iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo, ayiyi kukha ibenzakalise; baya kuyibeka izandla imilwelwe, iphile.”]

UYesu unyuselwa ezulwini

(Luka 24:50-53; Mseb 1:9-11)

[[19]Emva kokuthetha nabo, iNkosi uYesu yanyuselwa ezulwini, yaya kuhlala ewongeni kwaThixo.

[20]Ke bona abafundi bâya kushumayela kuzo zonke iindawo, iNkosi isebenza kunye nabo, iwangqina amazwi abo ngemiqondiso.]

Lucas	ULuka

Lucas 1

Prefácio

[1] Tendo em vista que muitos já se empenharam em elaborar uma narrativa histórica sobre os eventos que se cumpriram entre nós,

[2] conforme nos transmitiram os que desde o princípio foram testemunhas oculares dos fatos e servos dedicados à Palavra,

[3] eu, pessoalmente, investiguei tudo em minúcias, a partir da origem e decidi escrever-te um relato ordenado, ó excelentíssimo Teófilo.

[4] E isso, para que tenhas plena certeza das verdades que a ti foram ministradas.

O anúncio do nascimento de João

[5] Na época de Herodes, rei da Judéia, havia um certo sacerdote chamado Zacarias, que fazia parte do grupo sacerdotal de Abias. E Isabel, sua esposa, também era uma das descendentes de Arão.

[6] Os dois andavam em justiça aos olhos de Deus e obedeciam de forma irrepreensível a todos os mandamentos e doutrinas do Senhor.

[7] Contudo, eles não tinham filhos, porque Isabel era estéril, e ambos eram avançados em idade.

[8] Em certa ocasião, quando seu grupo estava de serviço, Zacarias ministrava como sacerdote diante de Deus.

[9] Ele foi escolhido por sorteio, de acordo com a tradição do sacerdócio, para ter

ULuka 1

Ingabula-zigcawu

[1]Tiyofilo ohloniphekileyo: Ekubeni abaninzi bezame ukulibhala ibali lezo zinto zithe zenzeka phakathi kwethu,

[2]bebalisa oko sikuxelelweyo ngâbo bathe kwasekuqalekeni bazibona ngawabo amehlo ezo zinto, baza baba ngabaququzeleli bezi ndaba,

[3]nam, mhlekazi, ndibone kulungile ukuba ndibhale ndikucwangcisele ngokuthe ngqo, ekubeni sekulithuba elide nje ndiziphanda kakuhle ezi zinto.

[4]Ndenjenje ukuze uyazi ngokuphelelyo inyaniso yezinto ozifundisiweyo.

Ukuvakaliswa kokuzalwa kukaYohane umbhaptizi

[5]Ngemihla kaHerode, ukumkani wakwaJuda, kwakukho umbingeleli othile, ogama linguZakariya, engoweqela lika-Abhiya. Umkakhe uElizabhete naye wayeyintombi yombingeleli.

[6]Bobabini babengamalungisa, beyithobela imiyalelo nemimiselo yeNkosi, bengenakusoleka.

[7]Babengenabantwana, kuba uElizabhete wayengazali; kananjalo bobabini babesebaluphele.

[8]Ke kaloku uZakariya wayesemsebenzini wakhe wobubingeleli phambi koThixo, kulithuba leqela lakhe.

[9]Kwênziwa amaqashiso ngokwesiqhelo sababingeleli, laza iqashiso laphuma naye

acesso ao altar do Santo dos Santos e ali oferecer a queima do incenso.

[10] E, chegando o momento da oferta do incenso, uma multidão de pessoas estava orando do lado de fora.

[11] Foi então que um anjo do Senhor apareceu a Zacarias, à direita do altar do incenso.

[12] Assim que Zacarias o viu, ficou perplexo e um grande temor o dominou completamente.

[13] Entretanto, o anjo lhe assegurou: “Não tenhas medo, Zacarias; eis que a tua súplica foi ouvida. Isabel, tua esposa, te dará à luz um filho, e tu lhe porás o nome de João.

[14] Ele te será motivo de grande felicidade e regozijo. E muitos se alegrarão com o seu nascimento.

[15] Pois ele será grande aos olhos do Senhor, jamais beberá vinho nem qualquer outra bebida fermentada, e será pleno do Espírito Santo desde antes do seu nascimento.

[16] E conduzirá muitos dos filhos de Israel à conversão ao Senhor, seu Deus.

[17] Ele avançará na presença do Senhor, no mesmo espírito e poder de Elias, com o propósito de fazer voltar o coração dos pais a seus filhos e os desobedientes à sabedoria dos justos, deixando um povo preparado para o Senhor”.

[18] Então, Zacarias indagou do anjo: “Como poderei certificar-me disso? Pois já sou idoso, e minha esposa igualmente de idade avançada”.

[19] Ao que o anjo lhe replicou: “Sou Gabriel, aquele que está permanentemente na

ukuba aqhumise ubulawu. Wangena ke endaweni engcwele yeNkosi,

[10]kukho inkitha yabantu ithandaza ngaphandle ngexesha lesiqhumiso.

[11]Kwabonakala isithunywa seNkosi kuye, simi ngasekunene kweqonga lesiqhumiso.

[12]Wothuka uZakariya akusibona, wangenwa luloyiko.

[13]Isithunywa eso sathi kuye: “Musa ukoyika, Zakariya. UThixo uwuvile umthandazo wakho. Umfazi wakho uElizabhete uya kuzala unyana. Uze umthiye igama elinguYohane.

[14]Ukuzalwa kwakhe kuya kukuphathela uvuyo nolonwabo, ize loo nto ibe luvuyo nakubantu abaninzi.

[15]Yena uya kubaluleka eNkosini, angaseli wayini nasiselo sinxilisayo, alawulwe nguMoya oyiNgcwele kwasekuzalweni kwakhe.

[16]Uya kubuyisela amaSirayeli amaninzi eNkosini uThixo wawo.

[17]Uya kuyibhulela umbethe iNkosi, enamandla njengoEliya, axolelanise uyise nomntwana,ababuyisele ebulungiseni abangevayo, alungiselele iNkosi abantu bayo.”

[18]UZakariya wathi kwisithunywa eso: “Ndiya kuyiqonda ngani le nto? Kaloku mna sendimdala, nomfazi wam selaluphele.”

[19]Saphendula ke isithunywa sathi kuye: “Mna ndinguGabriyeli oma phambi

presença de Deus e fui encarregado de vir para falar e transmitir-te estas boas notícias.

[20] Porém, eis que permanecerás em silêncio, pois não conseguirás falar até o dia em que venha a ocorrer tudo quanto te revelei, porquanto não acreditaste nas minhas palavras, as quais, no seu devido tempo, se cumprirão".

[21] Enquanto isso, o povo estava aguardando Zacarias e preocupava-se com o fato de que demorasse tanto no santuário do Senhor.

[22] Mas, ao sair, nenhuma palavra conseguia pronunciar; as pessoas perceberam que ele tivera uma visão no santuário. Zacarias tentava comunicar-se através de sinais, permanecendo todavia mudo.

[23] Ao completar seus dias dedicados ao serviço, ele regressou para casa.

[24] E, passado esse tempo, Isabel, sua esposa, engravidou, mas durante cinco meses ocultou-se das pessoas não saindo de casa.

[25] E ela dizia a si mesma: "Isto é dádiva do Senhor para mim! Eis que seus olhos me contemplaram, para retirar de sobre mim a grande humilhação que sentia diante de todos".

O anúncio do nascimento de Jesus

[26] Então, no sexto mês, Deus enviou o anjo Gabriel para Nazaré, uma cidade da Galiléia,

[27] a uma virgem prometida em casamento a certo homem chamado José, descendente de Davi. E o nome da virgem era Maria.

[28] O anjo chegou ao lugar onde ela estava e ao se aproximar lhe declarou: "Alegra-te, mui agraciada! O Senhor está contigo!"

koThixo. Ndithunyiwe ukuba ndithethe nawe, ndikuxelele ezi ndaba zimnandi.

[20]Ngenxa yokuba ungakholwa ngamazwi am, uyabona, uya kuvaleka, ungabi nako ukuthetha, kude kube yiloo mini zenzeka ngayo ezi zinto. Kanti ke la mazwi aya kuzalisekiswa ngexesha lawo."

[21]Abantu babemlindile uZakariya, bemangalisiwe kukulibala kwakhe endaweni engcwele.

[22]Uthe ke akuphuma engasenako ukuthetha, baqonda ukuba ubone umbono apho endaweni engcwele. Wathi, ekhohliwe kukuthetha, wamana enqwala.

[23]Lakuphela ixesha lokukhonza kweqela lakhe, uZakariya wagoduka.

[24]Emva koko uElizabhete umfazi wakhe wamitha, wazifihla iinyanga zade zantlanu,

[25]wavakala esithi: "Kwenziwe yiNkosi oku. Ide yandenzela inceba, yaphelisa ukudeleka kwam phakathi kwabantu."

Ukuvakaliswa kokuzalwa kukaYesu

[26]Ngenyanga yesithandathu isithunywa esinguGabriyeli sathunywa nguThixo kwelaseGalili, kwidolophu eyiNazarete,

[27]kwintombi eyayisendela kumfana wendlu kaDavide, ogama linguJosefu. Igama lentombi leyo lalinguMariya.

[28]Safika ke isithunywa kuye, sathi: "Bhota, wena ubabalweyo! INkosi inawe."

[29] Diante de tais palavras, Maria ficou intrigada, imaginando qual poderia ser o motivo daquele tipo de saudação.

[30] Mas o anjo lhe revelou: "Maria, não temas; pois recebeste grande graça da parte de Deus.

[31] Eis que engravidarás e darás à luz um filho, a quem chamarás pelo nome de Jesus.

[32] Ele será Grande, e será chamado Filho do Altíssimo. O Senhor Deus lhe dará o trono de seu pai Davi,

[33] e Ele reinará para sempre sobre o povo de Jacó, e seu Reino nunca terá fim".

[34] Então, perguntou Maria ao anjo: "Como acontecerá isso, pois jamais tive relação sexual com homem algum?"

[35] Então o anjo lhe esclareceu: "O Espírito Santo virá sobre ti, e o poder do Altíssimo te cobrirá com a sua sombra. E por esse motivo, o ser que nascerá de ti será chamado Santo, Filho de Deus.

[36] Saiba também que Isabel, tua parenta, dará à luz a um filho mesmo em idade avançada, sendo que este já é o sexto mês de gestação para aquela a quem julgavam estéril.

[37] Porquanto para Deus não existe nada que lhe seja impossível!"

[38] Diante disso, declarou Maria: "Eis aqui a serva do Senhor; que se realize em mim tudo conforme a tua palavra!" Em seguida o anjo partiu.

Maria visita Isabel

[29]UMariya woyika akuweva la mazwi, waza wafuna engqondweni ukuba ngaba ngumbuliso mni na lo.

[30]Isithunywa ke sathi kuye: "Musa ukoyika, Mariya, kuba uThixo ukwenzela isisa.

[31]Uyabona, uza kumitha, uzale unyana, umthiye igama elinguYesu.

[32]Yena uya kuba mkhulu, abizwe ngokuba nguNyana kaPhezukonke. INkosi uThixo iya kummisela abe ngukumkani kwaDavide uyise,

[33]ayilawule indlu kaYakobi kude kube ngunaphakade, nolawulo lwakhe lungaze luphele. "

[34]UMariya ke wathi kuso isithunywa: "Iya kwenzeka njani na loo nto, ndingazani nandoda nje?"

[35]Saphendula isithunywa sathi kuye: "UMoya oyiNgcwele uya kuhlela kuwe, athi amandla kaThixo uPhezukonke akufukamele. Kungoko loo mntwana ungcwele uya kuzalwa nguwe kuya kuthiwa nguNyana kaThixo.

[36]Uyabona, naye uElizabhete ozalana nawe, ukhawule unyana ebudaleni bakhe. Le yinyanga yesithandathu kuye, yena lowo bekusithiwa uludlolo.

[37]Kaloku akukho nanye into enokumnqabela uThixo. "

[38]Wathi ke uMariya: "Ndim lo mna mkhonzazana weNkosi. Makwenzeke kum ngokwamazwi akho." Saza semka isithunywa kuye.

UMariya utyelela uElizabhete

[39] Durante aqueles dias, Maria preparou-se e saiu rapidamente em viagem para uma cidade da região montanhosa da Judéia.
[40] Chegou à casa de Zacarias e foi saudar Isabel.

[41] Assim que Isabel ouviu a saudação de Maria, o bebê agitou-se em seu ventre, e Isabel ficou plena do Espírito Santo.

[42] E, com um forte grito, exclamou: “Bendita és tu entre todas as mulheres, e bendito é o fruto de teu ventre!

[43] Mas, qual o motivo desta graça maravilhosa, que me venha visitar a mãe do meu Senhor?
[44] Pois, no mesmo instante em que a tua voz de saudação chegou aos meus ouvidos, o bebê que está em meu ventre agitou-se de alegria.
[45] Bem-aventurada é aquela que acreditou que o Senhor cumprirá tudo quanto lhe foi revelado!”

O cântico de Maria

[46] Então declarou Maria: “Engrandece minha alma ao Senhor,
[47] e o meu espírito se regozija em Deus, meu Salvador,

[48] pois contemplou a insignificância da sua serva. Mas, de hoje em diante, todas as gerações me chamarão bem-aventurada,

[49] porque o Poderoso realizou maravilhas a meu favor; Santo é o seu Nome!
[50] A sua misericórdia estende-se aos que o temem, de geração em geração.

[39]Ngaloo mihla wesuka uMariya, wasinga kweleentaba ngokukhawuleza, esiya edolophini yakwaJuda;
[40]waya kungena endlwini kaZakariya, wafika wambulisa uElizabhete.
[41]Kwathi akuwuva uElizabhete umbuliso kaMariya, lwasuka lwaxhuma usana esizalweni sakhe. Wafikelwa ke nguMoya oyiNgcwele uElizabhete,
[42]wadanduluka ekhwaza esithi: “Ungoyena usikelelweyo wena phakathi kwabafazi! Nomntwana oya kuzalwa nguwe usikelelwe!

[43]Bendiyintoni na kakade, ukuba ndide ndihanjelwe ngunina weNkosi yam?

[44]Yaz' ukuba, kuthe ndakuwuva umbuliso wakho, lwasuka usana lwaxhuma luvuyo esiswini sam.

[45]Unoyolo lowo ukholiweyo, kuba ilizwi elithunyelwe kuye yiNkosi liya kuzaliseka.”

Umbongo kaMariya

[46]Wavakala uMariya esithi: “Umphefumlo wam uyayibonga iNkosi;
[47]ndaye ndigcobile ngoThixo uMsindisi wam;
[48]kuba wakuphawula ukuthobeka kwesicakazana sakhe. Ewe, ukususela ngoku zonke izizukulwana zothi ndingonoyolo,
[49]kuba undenzele izinto ezinkulu uSomandla, yena ogama lakhe lingcwele,
[50]yena onceba yakhe ikwizizukulwana ngezizukulwana zâbo bamoyikayo.

51 Ele operou poderosos feitos com seu braço; dispersou aqueles cujos sentimentos mais íntimos são soberbos.

52 Derrubou governantes dos seus tronos, mas exaltou os humildes.

53 Supriu abundantemente os famintos, mas expulsou de mãos vazias os que se achavam ricos.

54 Ajudou a seu servo Israel, recordando-se da sua misericórdia infinda

55 a favor de Abraão e sua descendência, para sempre, assim como prometera aos nossos antepassados".

56 E Maria permaneceu com Isabel por cerca de três meses, quando então retornou à sua casa.

O nascimento de João Batista

57 Ao se completar o tempo de Isabel dar à luz, nasceu-lhe um filho.

58 Todos os seus vizinhos e parentes ouviram falar da grande misericórdia com a qual o Senhor a havia contemplado e muito se alegraram com ela.

59 No oitavo dia levaram o menino para ser circuncidado, e desejavam dar-lhe o nome do pai, Zacarias.

60 No entanto sua mãe tomou a palavra e afirmou: "Não! O nome dele deverá ser João".

61 Ponderaram-lhe: "Mas ninguém há entre teus parentes que se chame assim".

62 Então, através de sinais, consultaram o pai do menino que nome queria que lhe dessem.

63 Ele pediu uma tabuinha e, para surpresa de todos, escreveu: "O nome dele é João".

51Wolule ingalo yakhe enamandla, wabachitha-chitha abanekratshi ekuzicingeleni kwabo.

52Iinganga wazithoba kumawonga azo, waza abathobekileyo wabaphakamisa.

53Wahluthisa abalambileyo ngezinto ezilungileyo, wathi abazizityebi wabandulula belambatha.

54Wamxhasa uSirayeli umkhonzi wakhe, akayilibala inceba yakhe

55awayethembise ngayo koobawo bethu, kuAbraham nakwinzala yakhe ngonaphakade."

56UMariya ke wahlala noElizabhete iinyanga ngathi zaba ntathu, waza wagoduka.

Ukuzalwa kukaYohane umbhaptizi

57Lafika ke ixesha lokuba uElizabhete abeleke, waza wazala unyana.

58Bakuva abamelwane bakhe nezizalwana zakhe ngale nceba ingaka ayenzelwe yiNkosi, bavuyisana naye.

59Kwathi ke ngomhla wesibhozo baya kumàlusa umntwana, befuna ukumthiya ngoyise uZakariya.

60Kodwa unina wala, esithi: "Hayi, igama lakhe nguYohane!"

61Bona ke bathi kuye: "Lingekho nje eli gama kowabo!"

62Baza babhekisa kuyise ukuba yena unga angathiywa gama lini na.

63Wabiza icwecwana, wabhala wathi: "Igama lakhe nguYohane." Baza bamangaliswa bonke.

[64] No mesmo instante sua boca se abriu, sua língua se soltou e ele começou a falar, louvando a Deus.

[65] Toda a vizinhança foi tomada de grande temor e por toda a região montanhosa da Judéia se comentavam esses fatos.

[66] E aconteceu que todos quantos ouviam falar dessas ocorrências ficavam imaginando: "O que virá a ser este menino?" Pois a boa mão do Senhor estava com ele.

[67] Então, seu pai Zacarias foi cheio do Espírito Santo e profetizou:

[68] "Bendito seja o Senhor, Deus de Israel, pois que visitou e redimiu o seu povo.

[69] Ele concedeu poderosa salvação na casa de Davi, seu servo.

[70] Assim como prometera por meio dos seus santos profetas desde a antiguidade.

[71] Salvando-nos dos nossos inimigos e das mãos de todos os que nos odeiam,

[72] para demonstrar sua misericórdia aos nossos antepassados e recordar sua santa aliança,

[73] o juramento que prestou ao nosso pai Abraão.

[74] Que nos resgataria da mão de todos os nossos inimigos, a fim de o servirmos livres do medo,

[75] em santidade e justiça na sua presença, durante todos os dias de nossas vidas.

[76] Tu, menino, serás chamado profeta do Altíssimo, pois marcharás à frente do Senhor, para lhe preparar o caminho.

[64]Kwangoko lwacombuluka ulwimi lukaZakariya, wathetha ebonga uThixo.

[65]Bangenwa luloyiko ke bonke abamelwane, yaza le nto yonke yaba ngundabamlonyeni kulo lonke eleentaba lakwaJuda.

[66]Bathi bonke abayivayo bayimilisela ezingqondweni, besithi: "Yaz'ba, uya kuba yintoni na lo mntwana?" Kuba kaloku amandla eNkosi ayenaye.

Umbongo kaZakariya

[67]UZakariya uyise wazala nguMoya oyiNgcwele, watyibela wathi:

[68]"Mayibongwe iNkosi, uThixo kaSirayeli, kuba ibavelele yabakhulula abantu bayo;

[69]kwaDavide isicaka sayo isivelisele uMsindisi otshatsheleyo.

[70]Nguwo lo umlomo wayo wamhla-mnene oweza ngabashumayeli bayo abangcwele,

[71]ithembisa ukusisindisa ezintshabeni zethu, nasesandleni sabo bonke abasithiyileyo;

[72]isithi yobenzela inceba oobawo bethu, iwukhumbule umnqophiso wayo ongcwele,

[73]isifungo eyasenzela uAbraham ubawo wethu,

[74]sokusihlangula ezintshabeni zethu, siyikhonze singenaxhala,

[75]ngobungcwele nangobulungisa phambi kwayo, yonke imihla yobomi bethu.

[76]Nawe ke, mntwana wam, wobizwa ngokuba ungumshumayeli kaThixo uPhezukonke, kuba uya kuyibhulela umbethe iNkosi, uyigabulele izigcawu.

[77] Para proclamar ao seu povo o conhecimento da salvação, mediante o perdão dos seus pecados.
[78] E isso, por causa das profundas misericórdias de nosso Deus, através das quais dos céus nos visitará o sol nascente,
[79] para iluminar aqueles que estão vivendo em meio às trevas, e guiar nossos pés no caminho da paz".

[80] E o menino crescia e se robustecia em espírito; e viveu no deserto até o dia em que havia de revelar-se publicamente a Israel.

[77]Wobazisa abantu beNkosi ngosindiso olungoxolelo lwezono zabo,

[78]kuba unenceba nemfesane uThixo wethu. Ngoko wosivelisela olilanga lasezulwini,

[79]ukuze akhanyisele abasebumnyameni nasethunzini lokufa, nokuze azikhokelele endleleni yoxolo iinyawo zethu."
[80]Wakhula umntwana, waya esomelela ngokomelela. Wayehlala entlango kwada kwayimini yokubonakala kwakhe kumaSirayeli.

Lucas 2

O nascimento de Jesus

[1] Naquela época, César Augusto publicou um decreto, convocando para um recenseamento, todos os moradores das terras dominadas por seu império.
[2] Este foi o primeiro cadastramento da população de todo o império romano, quando Quirino era governador da Síria.
[3] E todos seguiam para as cidades onde haviam nascido, a fim de serem arrolados.

[4] Por isso, José também viajou da cidade de Nazaré da Galiléia para a Judéia, até Belém, cidade de Davi, porque pertencia à casa e à descendência de Davi.

[5] E partiu com o propósito de alistar-se, juntamente com Maria, sua esposa prometida, que estava grávida.
[6] Enquanto estavam em Belém, chegou o momento de nascer o bebê,
[7] e ela deu à luz o seu primogênito. Envolveu-o com tiras de pano e o colocou

ULuka 2

Ukuzalwa kukaYesu Krestu
(Mat 1:18-25)

[1]Kwathi ngaloo mihla kwaphuma ummiselo kuKhesare Agasto othi lonke elimiweyo malibhalise.

[2]Olu bhaliso lokuqala lwabakho uKireniyo eyirhuluneli yaseSiriya.

[3]Babesithi ke bonke baye kubhalisa, elowo kweyakowabo idolophu.
[4]UJosefu ke waphuma kwelaseGalili, kwidolophu iNazarete, waya kwelakwaJuda, kwidolophu kaDavide eyiBhetelehem, kuba wayengowomlibo kaDavide.
[5]Wayesiya kubhalisa, enoMariya owayesendela kuye. Yena wayeselekhulelwe,
[6]kwaza kwathi belapho lafika ixesha lokubeleka kwakhe.
[7]Wamzala ke unyana wakhe wamazibulo, wamsongela eziqhiyeni, wamlalisa

sobre uma manjedoura, pois não havia lugar para eles na hospedaria.

Os pastores de Belém

[8] Nas proximidades havia pastores que estavam nos campos e que durante a noite cuidavam dos seus rebanhos.

[9] E aconteceu que um anjo do Senhor apareceu a eles e a glória do Senhor reluzindo os envolveu; e todos ficaram apavorados.

[10] Todavia o anjo lhes revelou: “Não temais; eis que vos trago boas notícias de grande alegria, e que são para todas as pessoas:

[11] Hoje, na cidade de Davi, vos nasceu o Salvador, que é o Messias, o Senhor!

[12] Isto vos servirá de sinal: encontrareis um recém-nascido envolto em panos e deitado sobre uma manjedoura”.

[13] E no mesmo instante, surgiu uma grande multidão do exército celestial que se juntou ao anjo e louvavam a Deus entoando:

[14] “Glória a Deus nos mais altos céus, e paz na terra às pessoas que recebem a sua graça!”

[15] Quando os anjos partiram e foram para os céus, os pastores combinaram entre si: “Vamos até Belém, e vejamos este acontecimento que o Senhor nos deu a saber”.

[16] Então correram até o local e chegando, encontraram Maria e José, e o recém-nascido deitado numa manjedoura.

[17] E depois de o contemplarem, comunicaram a todos o que lhes fora revelado a respeito daquele menino,

emkhumbini wesitali, kuba kwakungekho ndawo endlwini yabahambi.

Abelusi nezithunywa

[8]Kwakukho abelusi kwakweso sithili, behlala ezindle, belinda imihlambi yabo ebusuku.

[9]Babona isithunywa seNkosi simi ngakubo, bathi nobuqaqawuli beNkosi bababengezelela ngeenxa zonke. Baza boyika kakhulu.

[10]Isithunywa ke sathi kubo: “Musani ukoyika; kaloku ndinizisele iindaba ezimnandi zovuyo olukhulu oluya kuba kubo bonke abantu.

[11]Namhlanje, edolophini kaDavide, nizalelwe uMsindisi onguKrestu iNkosi.

[12]Nantsi into eyoba ngumqondiso kuni: nofumana usana lusongelwe eziqhiyeni, lulele emkhumbini wesitali.”

[13]Ngequbuliso kwabakho inkitha yezithunywa zezulu, ikunye nesithunywa eso, idumisa uThixo, isithi:

[14]“Makadunyiswe uThixo kweliphezulu, kube luxolo emhlabeni kubantu abamkholisayo.”

[15]Zakuba zimkile izithunywa, zisiya ezulwini, abelusi abo bathi omnye komnye: “Masihambe siye eBhetelehem, siyibone le nto ihlileyo, le siyazisiweyo yiNkosi.”

[16]Bakhawuleza ke baya, bafika kuMariya noJosefu, kwanalo usana lulele emkhumbini wesitali.

[17]Bathi bakuba bebonile, bawabhengeza amazwi awayethethwe kubo ngaye lo mntwana;

[18] Ao ouvirem o que os pastores relatavam ficaram sobremodo assustados.
[19] Maria, contudo, observava silenciosa todos os acontecimentos, e refletia sobre eles em seu coração.

[20] Os pastores retornaram glorificando e louvando a Deus por tudo quanto tinham visto e ouvido, assim como lhes fora predito.

A circuncisão e a apresentação de Jesus

[21] Completando-se os oito dias para o ritual de circuncisão do menino, foi-lhe dado o nome de Jesus, o qual já havia sido outorgado pelo anjo antes de Ele nascer.

[22] De igual modo, ao completar-se o tempo da purificação deles, de acordo com a Lei de Moisés, José e Maria levaram o bebê Jesus até Jerusalém para apresentá-lo a Deus no templo.
[23] Assim como está escrito na Lei do Senhor: "Todo primogênito nascido do sexo masculino deverá ser dedicado ao Senhor".

[24] Também um sacrifício deveria ser oferecido, como proclama a Lei do Senhor: "duas rolinhas ou dois pombinhos".

Simeão e Ana

[25] Entrementes, havia um homem em Jerusalém chamado Simeão, homem justo e piedoso e que almejava a consolação de Israel; e o Espírito Santo estava sobre Ele.

[26] O Espírito Santo lhe havia revelado que não morreria sem ter a oportunidade de ver o Cristo de Deus.

[18]baza bonke abawevileyo bamangaliswa zezo zinto zazithethwa kubo ngabelusi.

[19]Yena uMariya wazigcina zonke ezo zinto entliziyweni yakhe, wamana ezetyisa.

[20]Abelusi ke babuyela emihlambini yabo, becula bedumisa uThixo ngenxa yazo zonke izinto ababezivile bazifumana zinjengoko zazixeliwe.

UYesu usiwa endlwini kaThixo

[21]Akuba ntsuku zisibhozo umntwana ezelwe, kungumhla wokwaluswa kwakhe, uthiywe igama elinguYesu, elo wayelithiyiwe sisithunywa sezulu engekakhawulwa nokukhawulwa.
[22]Zakuba ke zifezekile iintsuku zokuhlanjululwa kwabo ngokomthetho kaMosis, uJosefu noMariya benyuka naye uYesu, baya eJerusalem, ukuze bamnikele eNkosini,
[23]njengoko kubhaliwe emthethweni weNkosi kwathiwa: "Yonke into eliduna eyeyamazibulo mayinikelwe eNkosini."
[24]Babesiya kwenza nomnikelo, njengoko kusitshiwo emthethweni weNkosi ukuthi: "Makunikelwe ngesibini samahobe, nokuba ngamathole amabini evukuthu."

[25]EJerusalem apho kwakukho umntu ogama linguSimon.Wayelilungisa, emhlonela uThixo, elindele ukuthuthuzelwa kwamaSirayeli, enefuthe likaMoya oyiNgcwele.
[26]Wayetyhilelwe nguMoya oyiNgcwele ukuba akayi kufa engekamboni uKrestu weNkosi.

[27] Movido pelo Espírito Santo, ele dirigiu-se ao templo. Assim que os pais trouxeram o menino Jesus para realizarem com Ele o ritual de consagração exigido pela tradição da Lei,

[28] Simeão o tomou em seus braços e louvou a Deus, exclamando:

[29] “Ó Soberano! Como prometeste, podes agora despedir em paz o teu servo.

[30] Porquanto os meus olhos já contemplaram a tua Salvação,

[31] a qual preparaste à vista de todos os povos:

[32] luz para revelação aos gentios, e para glória do teu povo de Israel”.

[33] O pai e a mãe do menino ficaram admirados com a proclamação feita a respeito dele.

[34] Então Simeão os abençoou e revelou a Maria, mãe de Jesus: “Eis que este menino está destinado a ser o responsável pela queda e pelo soerguimento de multidões em Israel, e a ser um sinal de contradição,

[35] de maneira que a intimidade dos pensamentos de muitos corações será revelada. Quanto a ti, todavia, uma espada traspassará a tua alma”.

As profecias de Ana

[36] Estava também presente a profetiza Ana, filha de Fanuel, da tribo de Aser. Era uma senhora de idade avançada; tinha vivido com seu marido durante sete anos depois de se casar,

[37] e desde então permanecera viúva até a idade de oitenta e quatro anos. Jamais

[27]Waya endlwini kaThixo, ethunywa nguMoya. Kwathi ke, akungeniswa uYesu ngabazali bakhe, befezekisa umthetho,

[28]uSimon wamfunqula, wabonga uThixo, wathi:

[29]“Nkosi, ngokwesithembiso sakho, uyasikhulula ngoku isicaka sakho sinoxolo,

[30]kuba amehlo am alubonile usindiso lwakho,

[31]olulungiselele bonke abantu,

[32]ulukhanyiso lokukhanyisela iintlanga, lubalula abantu bakho amaSirayeli.”

[33]Abazali bakhe bamangaliswa zezo zinto zithethwayo ngoYesu.

[34]USimon wabasikelela, wathi kuMariya unina: “Uyabona, lo Mntwana umiselwe ukuwa nokuvuka kwabaninzi kwaSirayeli, nokuba abe ngumqondiso ochasiweyo,

[35]ze ngale nkcaso kutyhileke iingcamango zabaninzi. Kanti ke nowakho umphefumlo uya kubindeka.”

[36]Kwalapho kwakukho nentokazi eyayingumshumayeli, uAna, intombi kaFanuweli wendlu ka-Ashere. Wayeselaluphele kakhulu. Akuba endile, uhleli iminyaka esixhenxe kuphela kunye nendoda yakhe,

[37]waza waphila de waba minyaka imashumi asibhozo anane engumhlolokazi. Wayengapheli endlwini kaThixo, ekhonza

deixava o templo: adorava a Deus, jejuando e orando dia e noite.

38 Havendo chegado ali, naquele exato momento, deu graças a Deus e proclamava acerca do bebê Jesus para todos os que anelavam pela redenção de Jerusalém".

O menino Jesus no meio dos doutores

39 Depois de terem cumprido tudo quanto era requerido pela Lei do Senhor, retornaram para a sua própria cidade, Nazaré, na Galiléia.

40 E o menino crescia e se fortalecia, tornando-se pleno em sabedoria; e a graça de Deus permanecia sobre Ele.

41 Todos os anos seus pais viajavam até Jerusalém para celebrar a festa da Páscoa.

42 Assim sendo, no ano em que Ele completou doze anos de idade, eles subiram à festa, de acordo com a tradição.

43 Encerradas as comemorações, voltando seus pais para casa, o menino Jesus ficou em Jerusalém, sem que eles notassem.

44 Imaginando que Ele estivesse entre os muitos companheiros de viagem, caminharam por um dia inteiro. Então começaram a buscá-lo entre os seus parentes e conhecidos.

45 Como não conseguiam encontrá-lo, retornaram a Jerusalém para procurá-lo.

46 Após três dias o acharam no templo, sentado na companhia dos mestres, ouvindo-os e propondo-lhes questões.

47 Todos os que o ouviam ficavam maravilhados com a sua capacidade intelectual e com a maneira como comunicava suas conclusões.

uThixo ngokuzila ukutya nangokuthandaza ebusuku nasemini.

38Wasondela ke ngelo lixa uAna, wathelela ekudumiseni uThixo. Wayethetha ngoMntwana lowo kubo bonke ababelindele ukukhululwa kweJerusalem.

39Bakuba ke bezifezekisile zonke izinto ngokomthetho weNkosi, babuyela eNazarete, idolophu yakowabo kwelaseGalili.

UYesu phakathi kwabafundisi

40Ke kaloku uYesu wakhula, waya esomelela, enobulumko obukhulu, ubabalo lukaThixo lunaye.

41Abazali bakhe babehambela eJerusalem minyaka le, besiya kwitheko lePasika.

42Kuthe ke xa uYesu wayeminyaka ilishumi elinambini ezelwe, baya ePasikeni eJerusalem ngokwesiqhelo.

43Zakuba zigqithile iintsuku zelo theko, bagoduka, kanti uYesu usele eJerusalem. Phofu babengaqondi abazali bakhe.

44Babeba usemxukuxeleni wabahambi, baza bahamba uhambo lwamini-nye. Bamana bemfuna ke phakathi kwezizalwane nabazana nabo.

45Bathe bakungamfumani babuyela eJerusalem bemfuna.

46Kwathi ke emva kweentsuku ezintathu bamfumana endlwini kaThixo, ehleli nabafundisi, ebaphulaphula, ebabuza nokubabuza.

47Bonke abamváyo babemangalisiwe yingqondo yakhe naziimpendulo zakhe.

[48] Assim que seus pais o avistaram, ficaram perplexos. Então sua mãe o inquiriu: “Filho, por que agiste assim conosco? Teu pai e eu nos angustiamos muito à tua procura!”

[48]Abazali bakhe bakumbona bathi manga, unina wathi kuye: “Mntanam, yini na ukuba usenjenje? Uyabona, uyihlo nam besikufuna sixhalabile.”

[49] Então Ele lhes perguntou: “Por que me procuráveis? Como não sabíeis que era meu dever tratar de assuntos concernentes ao meu Pai?”

[49]Wathi kubo uYesu: “Benindifunela ntoni na? Beningazi na ukuba ndimelwe kukuba sendlwini kaBawo?”

[50] Mas eles não compreenderam bem o que lhes explicara.

[50]Ke bona abayiqondanga into awayeyithetha kubo.

[51] Contudo, Ele seguiu com eles para Nazaré, pois lhes era obediente. Sua mãe, entretanto, meditava silenciosamente em seu coração sobre todos estes acontecimentos.

[51]Wahamba nabo, waya kufika eNazarete. Wayebalulamela abazali bakhe. Wazigcina unina ezo zinto entliziyweni yakhe.

[52] E Jesus se desenvolvia em sabedoria, estatura e graça na presença de Deus e de todas as pessoas.

[52]UYesu ke wakhula ngesithomo nangobulumko, ebabalwa nguThixo, ethandwa ngabantu.

Lucas 3

A pregação de João Batista

[1] No décimo quinto ano do reinado de Tibério César, época em que Pôncio Pilatos foi governador da Judéia; Herodes, tetrarca da Galiléia; seu irmão Filipe, tetrarca da Ituréia e Traconites; e Lisânias, tetrarca de Abilene, e

[2] Anás e Caifás exerciam o ofício de sumo sacerdotes. Foi nesse mesmo ano que João, filho de Zacarias, recebeu uma palavra convocatória do Senhor, no deserto.

[3] Então ele percorreu toda a região próxima ao Jordão, proclamando um batismo de arrependimento para perdão dos pecados.

ULuka 3

Ukushumayela kukaYohane umbhaptizi

(Mat 3:1-12; Marko 1:1-8; Yoh 1:19-28)

[1]Ke kaloku ngomnyaka weshumi elinantlanu elawula uTibheriyo Khesare, inguPontiyo Pilato irhuluneli kwelakwaJuda, inguHerode olawula kwelaseGalili, umntakwabo uFilipu elawula kwelaseJitureya nelaseTrakoniti, inguLisaniyo olawula kwelaseAbhilene,

[2]ngemihla yababingeleli abakhulu ooAnas noKayafa, lafika ilizwi likaThixo kuYohane, unyana kaZakariya, entlango.

[3]Yena ke wayewujikeleza wonke ummandla weJordan, eshumayela esithi abantu mabaguquke, babhaptizwe, aze uThixo abaxolele izono zabo;

[4] Assim como está escrito no livro das palavras do profeta Isaías: "Voz do que clama no deserto: 'Preparai o caminho do Senhor, tornai retas as suas veredas.

[5] Pois que todo o vale será aterrado e todas as montanhas e colinas, niveladas. As estradas tortuosas se transformarão em retas e os caminhos acidentados serão aplanados.

[6] E todos os seres viventes contemplarão a salvação que Deus oferece'".

[7] João repreendia as multidões que vinham para ser batizadas por ele: "Raça de víboras! Quem lhes persuadiu a fugir da ira vindoura?

[8] Produzi, então, frutos que demonstrem arrependimento. E não comeceis a cogitar em vossos corações: 'Abraão é nosso pai!'. Pois eu vos asseguro que destas pedras Deus pode fazer surgir filhos a Abraão.

[9] O machado já está posto à raiz das árvores, e toda árvore que não der bom fruto será cortada e jogada ao fogo".

[10] E as multidões lhe rogavam: "O que devemos fazer então?"

[11] Diante do que João as exortava: "Quem tiver duas túnicas dê uma a quem não tem nenhuma; e quem possui o que comer, da mesma maneira reparta".

[12] Chegaram inclusive alguns publicanos para ser batizados. E indagavam: "Mestre, como devemos proceder?"

[13] E João lhes respondeu: "Não deveis exigir nada além do que vos foi prescrito".

[4]njengoko kubhaliweyo kwincwadi yomshumayeli uIsaya kusithiwa: "Kuvakala ilizwi lodandulukayo entlango, lisithi: " 'Yilungiseleleni indlela iNkosi, niyihlahlele umgaqo wayo.

[5]Mayiditywe yonke imifula, zidilizwe zonke iinduli neentaba. Mazenziwe zithi tye iindawo ezigoso, ziletyelwe ezinamatye.

[6]Bonke abantu baya kulubona usindiso oluvela kuThixo.' "

[7]Ke kaloku izihlwele zaziphuma ziye kubhaptizwa nguYohane. Wayesithi kuzo: "Nzalandini yamarhamba, ngubani lo unilumkisileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo?

[8]Ke ngoko yenzani izinto ezibonakalisa inguquko. Ze ningafane nithi: 'Siyinzala ka-Abraham.' Ndiyanixelela mna, uThixo unako ngawo la matye ukumvelisela abantwana uAbraham.

[9]Kanti ke lona izembe selikulungele ukuyinqumla ezingcanjini imithi. Ngoko ke wonke umthi ongavelisi siqhamo sihle uyagawulwa utshiswe."

[10]Izihlwele zazimbuza zisithi: "Masithini ke ngoko?"

[11]Waphendula wathi kuzo: "Lowo uneengubo ezimbini makanike ongenáyo. Nalowo unokutya makenjenjalo."

[12]Abaqokeleli-rhafu beza kubhaptizwa, bathi kuye: "Mfundisi, masithini na?"

[13]Wathi kubo: "Ningabizi ngaphezu kwenikumiselweyo."

[14] Então um grupo de soldados lhe inquiriu: "E quanto a nós, o que devemos fazer?" E ele os orientou: "A ninguém molesteis com extorsões, nem denuncieis falsamente. Contentai-vos com o vosso próprio salário".

João exalta a Jesus: o Caminho

[15] A esta altura as pessoas estavam em grande expectativa, imaginando em seus corações se porventura João não seria o Cristo.

[16] Então João esclareceu a todos: "Eu, de fato, vos batizo com água. Entretanto, chegará alguém mais poderoso do que eu, tanto que não sou digno sequer de desamarrar as correias das suas sandálias. Ele sim, vos batizará com o Espírito Santo e com fogo.

[17] Ele traz uma pá em suas mãos, a fim de limpar a sua eira e juntar o trigo em seu celeiro; todavia queimará a palha com o fogo que jamais se apaga".

[18] E com muitas outras palavras João entusiasmava as multidões e lhes pregava as Boas Novas.

[19] Contudo, quando João admoestou Herodes, o tetrarca, por causa de Herodias, mulher do próprio irmão de Herodes, e devido a muitas outras obras perversas que havia praticado,

[20] Herodes acrescentou a todas essas maldades a de mandar João para a prisão.

O batismo de Jesus

[21] E ocorreu que, quando todo o povo estava sendo batizado, da mesma maneira Jesus o foi; e no momento em que Ele estava orando, o céu se abriu

[14]Namajoni ayebuza kuye esithi: "Masithini thina?" Wathi kuwo: "Ningaphangi mntu ngogonyamelo okanye ngobuxoki. Yanelani yimivuzo yenu."

[15]Ke kaloku lavuseleleka ithemba ebantwini, becamanga bonke ezintliziyweni zabo ngaye uYohane, ukuba akangebi nguye na uKrestu.

[16]UYohane ke wabaphendula esithi: "Mna okunene ndinibhaptiza ngamanzi, kodwa uyeza onamandla kunam. Andikufanelanga ukukhulula nemitya le yezihlangu zakhe. Yena uya kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele nangomlilo.

[17]Ingobozi isesandleni sakhe. Uya kukwela kuthi tu okusesandêni, ayigalele kuvimba ingqolowa. Ke wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimiyo."

[18]UYohane wayeyala ekhuthaza nangezinye izinto ezininzi, eshumayela iindaba ezimnandi ebantwini.

[19]UHerode, umlawuli waseGalili, wakhalinyelwa nguYohane ngenxa yokungena uHerodiya, umka-mninawe wakhe, nangazo zonke ezinye izinto ezimbi awayezenzile.

[20]Suka ke yena uHerode wavalela uYohane lowo entolongweni.

Ukubhaptizwa kukaYesu

(Mat 3:13-17; Marko 1:9-11)

[21]Ke ekubhaptizweni kwento eninzi yabantu, noYesu ebhaptiziwe, kwathi ethandaza, lavuleka izulu,

[22] e o Espírito Santo desceu sobre Ele em forma corporal, como uma pomba. E do céu surgiu uma voz: “Tu és o meu Filho amado; e em ti me agrado sobremaneira”.

A genealogia de Jesus

[23] Jesus tinha cerca de trinta anos de idade quando iniciou seu ministério. Ele era, como se dizia, filho de José; filho de Eli,

[24] filho de Matate, filho de Levi, filho de Melqui, filho de Janai, filho de José,

[25] filho de Matatias, filho de Amós, filho de Naum, filho de Esli, filho de Nagai,

[26] filho de Máate, filho de Matatias, filho de Semei, filho de José, filho de Jodá,

[27] filho de Joanã, filho de Resa, filho de Zorobabel, filho de Salatiel, filho de Neri,

[28] filho de Melqui, filho de Adi, filho de Cosã, filho de Elmadã, filho de Er,

[29] filho de Josué, filho de Eliézer, filho de Jorim, filho de Matate, filho de Levi,

[30] filho de Simeão, filho de Judá, filho de José, filho de Jonã, filho de Eliaquim,

[31] filho de Meleá, filho de Mená, filho de Matatá, filho de Natã, filho de Davi,

[32] filho de Jessé, filho de Obede, filho de Boaz, filho de Salá, filho de Naassom,

[33] filho de Aminadabe, filho de Admim, filho de Arni, filho de Esrom, filho de Peres, filho de Judá,

[34] filho de Jacó, filho de Isaque, filho de Abraão, filho de Terá, filho de Naor,

[35] filho de Serugue, filho de Ragaú, filho de Faleque, filho de Éber, filho de Salá,

[36] filho de Cainã, filho de Arfaxade, filho de Sem, filho de Noé, filho de Lameque,

[22]wehlela phezu kwakhe uMoya oyiNgcwele enembonakalo yehobe. Kwavakala nezwi livela ezulwini, lisithi: “UnguNyana wam endimthandayo wena; ndikholisiwe nguwe!”

Umlibo wokuzalwa kukaYesu

(Mat 1:1-17)

[23]Ukuqala kwakhe ukufundisa uYesu wayemalunga neminyaka emashumi mathathu ezelwe. Kwakusithiwa ungunyana kaJosefu, kaEli,

[24]kaMatati, kaLevi, kaMeleki, kaJana, kaJosefu,

[25]kaMatatiya, ka-Amos, kaNahum, kaHesli, kaNagayi,

[26]kaMathi, kaMatatiya, kaShimeyi, kaYoseki, kaJoda,

[27]kaYohanan, kaResha, kaZerubhabheli, kaShalatiyeli, kaNeri,

[28]kaMeleki, ka-Adi, kaKosam, kaElmadam, kaEre,

[29]kaYoshuwa, kaEliyezere, kaYorim, kaMatati, kaLevi,

[30]kaSimon, kaJuda, kaJosefu, kaJonam, kaEliyakim,

[31]kaMaleya, kaMina, kaMatata, kaNatan, kaDavide,

[32]kaJese, kaObhedi, kaBhowazi, kaSalman, kaNashon,

[33]ka-Aminadabhi, ka-Admin, ka-Arni, kaHezeron, kaPerezi, kaJuda,

[34]kaYakobi, kaIsake, ka-Abraham, kaTera, kaNahore,

[35]kaSeruki, kaRewu, kaPelege, kaHebhere, kaShela,

[36]kaKenan, ka-Arpakishadi, kaShem, kaNowa, kaLameki,

[37] filho de Matusalém, filho de Enoque, filho de Jarede, filho de Maalaleel, filho de Cainã, [38] filho de Enos, filho de Sete, filho de Adão, filho de Deus.

Lucas 4

A tentação de Jesus

[1] Pleno do Espírito Santo, retornou Jesus do Jordão e foi conduzido pelo Espírito ao deserto,

[2] onde enfrentou as tentações do Diabo por quarenta dias. Durante todos esses dias não comeu nada e, ao fim desse período, estava faminto.

[3] Indagou-lhe, então, o Diabo: "Se tu és o Filho de Deus, ordena que esta pedra se transforme em pão".

[4] Mas Jesus lhe contestou: "Está escrito: 'Nem só de pão viverá o ser humano'".

[5] Então o Diabo o levou a um lugar muito alto e lhe mostrou, em uma fração de tempo, todos os reinos do mundo.

[6] E lhe propôs: "Eu te darei todo o poder sobre eles e toda a glória destes reinos, porque me foram entregues e tenho autoridade para doá-los a quem bem entender.

[7] Portanto, se prostrado me adorares, tudo isso será teu!"

[8] Contudo Jesus lhe afirmou: "Está escrito: 'Ao Senhor teu Deus adorarás e só a Ele darás culto'".

[9] Em seguida o Diabo o levou para Jerusalém, e o colocou sobre a parte mais alta do templo e o desafiou: "Se tu és o Filho de Deus, lança-te daqui para baixo.

[37]kaMethusela, kaInoki, kaJerede, kaMahalaleli, kaKenan,

[38]kaEnoshe, kaSete, ka-Adam, kaThixo.

ULuka 4

Ukulingwa kukaYesu

(Mat 4:1-11; Marko 1:12-13)

[1]UYesu wabuya eJordan ezele nguMoya oyiNgcwele, wajikeleza entlango ekhokelwa nguMoya

[2]iintsuku ezimashumi mane, elingwa ngumtyholi. Akatyanga nto ngezo ntsuku, waza walamba ekupheleni kwazo.

[3]Ke umtyholi wathi kuye: "Ukuba unguye uNyana kaThixo, yitsho eli litye libe sisonka."

[4]UYesu wamphendula esithi: " IziBhalo zithi: 'Umntu akaphili ngasonka sodwa.' "

[5]Ke umtyholi wamnyusela endaweni ephakamileyo uYesu, wathi ngexeshana elingephi wambonisa onke amazwe ezikumkani zehlabathi;

[6]wathi kuye: "Ndokunika igunya kuwo onke, ndikuphe nobutyebi bawo, kuba konke oko kokwam, kwaye ndikunika lowo sukuba ndithanda ukumnika.

[7]Ke ngoko, ukuba uthe wandinqula, zonke ezo zinto zoba zezakho."

[8]UYesu wamphendula wathi: "IziBhalo zithi: 'Uze unqule iNkosi uThixo wakho, ukhonze yona yodwa.' "

[9]Umtyholi ke waya noYesu eJerusalem, wammisa phezu kwendlu kaThixo, wathi kuye: "Ukuba unguye uNyana kaThixo, ziphose ezantsi phaya;

[10] Pois, como está escrito: 'Aos seus anjos ordenará a teu respeito, para que te protejam;

[11] eles te sustentarão sobre suas mãos para que não batas com teu pé contra alguma pedra'".

[12] Repreendeu-lhe Jesus: "Dito está! 'Não tentarás o Senhor teu Deus'".

[13] E assim, tendo concluído todo o tipo de tentação, o Diabo afastou-se dele até o tempo oportuno.

Jesus é expulso de Nazaré

[14] Então, Jesus retornou para a Galiléia, no poder do Espírito, e por toda aquela região se espalhou sua fama.

[15] Ensinava nas sinagogas e, de todos, recebia manifestações de grande apreciação.

[16] Jesus viajou para Nazaré, onde havia sido criado e conforme seu costume, num dia de sábado, entrou na sinagoga. E posicionou-se em pé para fazer a leitura.

[17] Foi-lhe entregue o livro do profeta Isaías. Desenrolando-o achou o lugar onde está escrito:

[18] "O Espírito do Senhor está sobre mim, porque me ungiu para pregar o Evangelho aos pobres. Ele me enviou para proclamar a libertação dos aprisionados e a recuperação da vista aos cegos; para restituir a liberdade aos oprimidos,

[10]kuba iziBhalo zithi: 'UThixo uya kuziwisela umthetho ngawe izithunywa zakhe, ukuze zikugcine.'

[11]Kananjalo kuthiwa: 'Ziya kukufunqula, hleze ukhubeke elityeni.' "

[12]Waphendula uYesu wathi kuye: "IziBhalo zithi: 'Uze ungayilingi iNkosi uThixo wakho.' "

[13]Akupheza umtyholi ukulinga uYesu, wemka okwexeshana.

UYesu ufundisa eGalili

(Mat 4:12-17; Marko 1:14-15)

[14]UYesu ke, esemandleni kaMoya oyiNgcwele, wabuyela kwelaseGalili, lwaza udumo lwakhe lwavakala kuwo wonke loo mmandla.

[15]Wayefundisa ezindlwini zesikhungo, enconywa ngabo bonke.

Ukudelwa kukaYesu eNazarete

(Mat 13:53-58; Marko 6:1-6)

[16]UYesu ke waya kufika eNazarete, apho wayekhulele khona, wathi ngokwesiqhelo sakhe wangena endlwini yesikhungo ngoMhla wokuPhumla. Waphakama ke ukuba afunde;

[17]waza wanikwa incwadi yomshumayeli uIsaya, watyhila le ndawo ithi:

[18]"UMoya weNkosi undongamele, ngoko ke indithambisile; indalathele ukushumayela iindaba ezimnandi kwabasweleyo. Yandithuma ukuvakalisa inkululeko kubathinjwa, nokubuyisela ukubona kwabaziimfama, ndibandululè bekhululekile abacinezelweyo,

[19] e promulgar a época da graça do Senhor”.

[20] Em seguida, enrolou novamente o livro, devolveu-o ao assistente e assentou-se. E na sinagoga todos estavam com os olhos fixos em sua pessoa.

[21] Então Ele começou a pregar-lhes: “Hoje se cumpriu a Escritura que acabais de ouvir”.

[22] E todos exclamavam maravilhas sobre Ele, e estavam admirados com as palavras de graça que saíam dos seus lábios. Mas questionavam entre si: “Não é este o filho de José?”

[23] No entanto, Jesus lhes replicou: “Com toda a certeza citareis a mim o conhecido provérbio: ‘Médico, cura-te a ti mesmo! Faze aqui em tua terra o que soubemos que fizeste em Cafarnaum’”.

[24] E continuou a falar Jesus: “Realmente vos afirmo: Nenhum profeta é bem recebido em sua própria terra.

[25] No tempo de Elias, posso lhes afirmar com certeza, que havia muitas viúvas em Israel, quando o céu foi fechado por três anos e meio, e grande fome ocorreu em toda a terra.

[26] Contudo, Elias não foi mandado a nenhuma delas, senão somente a uma viúva de Sarepta, na região de Sidom.

[27] Assim também, no tempo do profeta Eliseu, havia muitos leprosos em Israel, mas nenhum deles foi purificado, a não ser Naamã, o sírio”.

[19]ndivakalisè unyaka wokuthululwa kwenceba yeNkosi.”

[20]Eyisongile incwadi uYesu, wayibuyisela kwisicaka, wahlala phantsi. Amehlo abo bonke ababesendlwini yesikhungo ayondele kuye;

[21]waza wathi kubo: “Namhlanje esi siBhalo sizalisekisiwe phambi kwenu.”

[22]Babemncoma, bonke bemangalisiwe ngamazwi amnandi awathethayo, besithi: “He bethu, lo mntu asinguye na unyana kaJosefu?”

[23]UYesu ke wathi kubo: “Eneneni niya kulibhekisa kum eli qhalo lithi: ‘Gqirha, ziphilise;’ nize nithi: ‘Nakowenu apha yenza okungangoko sive ukuba ukwenzile eKapernahum.’ ” Wathi ke:

[24]“Ndithi kuni, inene, akukho mshumayeli wamkelekileyo kowabo.

[25]Enyanisweni babebaninzi abahlolokazi kwaSirayeli ngemihla kaEliya, oko lalibalele iminyaka emithathu eneenyanga ezintandathu, kukho indlala enkulu kulo lonke ilizwe.

[26]Kanti ke uEliya zange athunywe nakumnye kubo; kuphela wathunywa kumhlolokazi waseSarfati kwelaseSidon.

[27]Kananjalo babebaninzi abaneqhenqa kwaSirayeli ngemihla yomshumayeli uElisha; kanti ke akuhlanjululwanga namnye kubo ngaphandle koNahaman umSiriya.”

28 Então, todos os que estavam na sinagoga foram tomados de grande raiva ao ouvirem tais palavras.

29 E, levantando-se, expulsaram a Jesus da cidade, levando-o até o topo da colina sobre a qual a cidade havia sido edificada, com o propósito de jogá-lo de lá, precipício abaixo.

30 Todavia, Jesus passou por entre eles, e seguiu seu caminho.

A cura de um endemoninhado em Cafarnaum

31 Então Jesus desceu para Cafarnaum, cidade da Galiléia, e, noutro sábado, começou a ensinar o povo.

32 E todos ficavam deslumbrados com o seu ensino, pois que sua palavra era ministrada com autoridade.

33 Entrementes, na sinagoga, havia um homem possesso de demônio, ou seja, de um espírito imundo, que berrou com toda a força:

34 “Ah! Que tu queres conosco, Jesus de Nazaré? Vieste destruir a nós? Sei bem quem tu és: o Santo de Deus!”

35 Mas Jesus o repreendeu, ordenando: “Fica quieto e sai deste homem!” Imediatamente o demônio jogou o homem no chão, perante todos, e saiu dele sem o ferir.

36 Todas as pessoas ficaram maravilhadas e diziam umas às outras: “Que Palavra é esta? Pois até aos espíritos demoníacos Ele dá ordens com autoridade e poder, e eles se vão?”

A cura da sogra de Pedro

28Bakuziva ezi zinto bacaphuka bonke ababesendlwini yesikhungo,

29besuka bamkhupha edolophini uYesu, bamsa phezu kweliwa eyayakhelwe phezu kwalo idolophu yabo, ukuze bamphose ezantsi.

30Kodwa yena wacanda phakathi kwabo, wemka.

Ukuphiliswa konendimoni

(Marko 1:21-28)

31Wehla ke uYesu waya eKapernahum, idolophu yelaseGalili, wathi khona apho ngoMhla woPhumlo wafundisa abantu.

32Bamangaliswa kukufundisa kwakhe, kuba wayefundisa ngegunya.

33Ke endlwini yesikhungo apho kwakukho umntu ophethwe yindimoni.

34Yena ke wabhomboloza, ekhala esithi: “Kwowu! Ufuna ntoni kuthi, Yesu waseNazarete? Ngaba uze kusitshabalalisa? Ndiyakwazi ukuba ungubani na; ungoyiNgcwele kaThixo!”

35UYesu wayikhalimela loo ndimoni, esithi: “Yithi tu, uphume kuye!” Yasuka indimoni yamkhahlela phantsi phambi kwabo, yaza yaphuma ingamenzakalisanga.

36Bamangaliswa bonke abantu, babuzana besithi: “He bethu, mhlola mni lo? Lo mntu ukhalima nje ngelizwi, zitsho ziphume iindimoni!”

[37] E as notícias a respeito de Jesus se espalhavam por todas as regiões vizinhas.

[38] Saindo da sinagoga dirigiu-se Jesus à casa de Simão. A sogra de Simão estava atormentada, ardendo em febre, e rogaram a Jesus que a ajudasse de alguma forma.

[39] Estando Ele em pé próximo a ela, inclinou-se e repreendeu aquela febre, que no mesmo instante a deixou. Ela rapidamente se levantou e passou a servi-los.

[40] Ao cair da tarde, o povo trouxe à presença de Jesus todos os que tinham diversos tipos de doenças e Ele os curou, impondo suas mãos sobre cada um deles.

[41] Além disso, de várias pessoas saíam demônios gritando: “Tu és o Filho de Deus!” Ele, contudo, os repreendia e não permitia que se expressassem, pois sabiam que Ele era o Cristo.

[42] Ao raiar do dia, Jesus foi para um lugar solitário. De outro lado, as multidões o procuravam, e assim que conseguiram chegar ao local onde Ele estava, suplicaram para que não as deixasse.

[43] Contudo, Ele ponderou: “É necessário que Eu anuncie também as Boas Novas do Reino de Deus em outras cidades, pois precisamente para isso fui enviado”.

[44] E assim, prosseguia pregando pelas sinagogas da Palestina.

Lucas 5

A pesca maravilhosa. Os primeiros discípulos

[37]Zatsho zaduma ke iindaba ngoYesu kuwo wonke loo mmandla.

Ukuphiliswa kwabaninzi

(Mat 8:14-17; Marko 1:29-34)

[38]Waphuma ke uYesu endlwini yesikhungo, waya kungena endlwini kaSimon. Ke umkhwekazi kaSimon wayephethwe yifiva ngamandla, baza ke baxelela uYesu ngaye.

[39]Yena waya kuma ngakuye, wayikhalimela ifiva, waza wachacha. Wavuka kwangoko ke, wabalungiselela ukutya.

[40]Kwathi ukutshona kwelanga, bonke abo babenabagula zizifo ngezifo babazisa kuYesu. Yena wababeka izandla bonke ngabanye, wabaphilisa.

[41]Neendimoni zaziphuma kwabaninzi, zikhala zisithi: “Wena unguye uNyana kaThixo.” Wayezikhalimela iindimoni ezo, engazivumeli ukuba zithethe, kuba zazisazi ukuba yena unguye uKrestu.

Ukushumayela kukaYesu kwelakwaJuda

(Marko 1:35-39)

[42]Wasuka uYesu wemka waya endaweni engenabantu. Izihlwele zazimfuna, zathi zakumfumana, zazama ukuba angemki kuzo.

[43]Wathi kuzo: “Ndimelwe kukuba ndishumayele iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo nakwezinye iidolophu, kuba yinto endithunywe yona leyo.”

[44]Wayeshumayela ke ezindlwini zesikhungo zelakwaJuda.

ULuka 5

Ukubizwa kwabafundi bokuqala

(Mat 4:18-22; Marko 1:16-20)

[1] E aconteceu que, num determinado dia, Jesus estava próximo ao lago de Genesaré, e uma multidão o espremia de todos os lados para ouvir a Palavra de Deus.

[1]Ke kaloku uYesu xa wayemi ngakuLwandle lwaseGenesarete, izihlwele zimxinile, zisiza kuva ilizwi likaThixo,

[2] Ele observou junto à beira do lago dois barcos, deixados ali pelos pescadores, que havendo desembarcado, cuidavam de lavar suas redes.

[2]wabona izikhitshana ezibini ziselunxwemeni. Abalobi babephumile kuzo, behlamba iminatha.

[3] Então, entrou num dos barcos, o que pertencia a Simão, e lhe solicitou que o afastasse um pouco da praia. E, assentando-se, do barco ensinava o povo.

[3]Wathi ke, engene kwesinye isikhitshana esasisesikaSimon, wamcela ukuba akhe ashenxe kancinane elunxwemeni. UYesu ke wazifundisa izihlwele ehleli esikhitshaneni.

[4] Assim que acabou de ministrar, dirigiu-se a Simão e aos demais, e lhes pediu: "Ide para onde as águas são mais profundas e lançai as vossas redes para a pesca!"

[4]Akugqiba ukuthetha, wathi kuSimon: "Yiyani phakathi enzulwini, nihlise iminatha yenu, nibambise."

[5] Ao que lhe replicou Simão: "Mestre, tendo trabalhado durante a noite toda, não pegamos nada. Todavia, confiando em tua Palavra, lançarei as redes.

[5]Waphendula uSimon wathi kuye: "Mhlekazi, sibulaleke ubusuku bonke, asabamba nento le; kodwa ngokutsho kwakho ndiya kuwuhlisa umnatha."

[6] Assim procederam e pegaram enorme quantidade de peixes, tanto que as redes começaram a se romper.

[6]Bathi bakwenjenjalo, babambisa inkitha yeentlanzi, kangangokuba waphants' ukuqhaqheka umnatha wabo.

[7] Por esse motivo acenaram aos seus amigos no outro barco, para que viessem ajudá-los. Eles chegaram e lotaram ambos os barcos, a ponto de começarem a afundar.

[7]Baza bakhweba abalingane babo ababekwesinye isikhitshana, ukuba beze kubancedisa. Beza ke, bazizalisa zozibini izikhitshana, zada zaphants' ukutshona.

[8] Diante de tamanho evento, Simão se prostrou aos pés de Jesus e declarou: "Afasta-te de mim, Senhor, pois sou homem pecador!"

[8]Ekubonile okwenzekileyo, uPetros waguqa phambi koYesu, wathi: "Mka kum, Nkosi, kuba ndiyindoda engumoni."

[9] Porquanto, ele e seus companheiros estavam maravilhados com a pesca que haviam realizado,

[9]Yena nabo bonke ababenaye babemangalisiwe lolo banjiso lungako lweentlanzi.

[10] assim como de Tiago e João, os filhos de Zebedeu, que eram sócios de Simão. Todavia, Jesus revela a Simão: "Não tenhas

[10]Babemangalisiwe noYakobi noYohane, oonyana bakaZebhedi, ababengabalingane bakaSimon. UYesu ke wathi kuSimon:

medo; a partir deste momento tu serás um pescador de vidas humanas”.

[11] Então, eles arrastaram seus barcos para a praia, renunciaram a todas as coisas e seguiram a Jesus.

A cura de um leproso

[12] Estando Jesus em uma das cidades, eis que um homem coberto de lepra veio em sua direção. Assim que contemplou a Jesus, ajoelhou-se e colocando o rosto rente ao chão, suplicou-lhe: “Senhor! Se for da tua vontade, sei que podes me purificar”.

[13] Jesus estendeu a mão, tocou nele e proferiu: “Quero. Sê purificado!” E, no mesmo instante a lepra se retirou daque-le homem.

[14] Em seguida, Jesus lhe ordenou:“Não fales sobre este acontecimento a ninguém; porém, vai, mostra-te ao sacerdote e oferece pela tua purificação os sacrifícios que Moisés determinou, para servir de testemunho ao povo.

[15] Contudo, as notícias a respeito de Jesus se espalhavam ainda mais, de maneira que multidões convergiam para ouvi-lo e para serem curadas de suas enfermidades.

[16] Todavia, Jesus procurava manter-se afastado, indo para lugares solitários, onde ficava orando.

A cura de um paralítico

[17] Num outro dia, quando Jesus ministrava, estavam sentados ali fariseus e professores da Lei, vindos de todos os povoados da Galiléia, da Judéia e de Jerusalém; e Ele tinha o poder de Deus para realizar curas.

“Ungoyiki. Ukususela namhlanje uya kuba ngumlobi wabantu.”

[11]Bakuba ke bezitsalele elunxwemeni izikhitshana, bashiya into yonke, balandela uYesu.

Ukuphiliswa koneqhenqa
(Mat 8:1-4; Marko 1:40-45)

[12]Kwathi uYesu ekwidolophu ethile kwafika indoda ithe gqume liqhenqa. Le ndoda ke, yakumbona uYesu, yawa ngobuso phambi kwakhe, yambongoza isithi: “Nkosi, ndiyazi ukuba unako ukundihlambulula, ukuba uyathanda.”

[13]Wasolula uYesu isandla, wayichukumisa, esithi: “Ndiyathanda; hlambuluka.” Kwangoko laphela kuyo iqhenqa.

[14]UYesu ke wayiyala esithi mayingaxeleli bani, waza wathi: “Hamba uye kuzibonisa kumbingeleli, wenze umnikelo ngezo zinto wazimiselayo uMosis, ube bubungqina bokuhlanjululwa kwakho.”

[15]Kwaba kukhona ke uYesu angundabamlonyeni; kwaza kwabuthelana isihlwele esikhulu, sisiza kumphulaphula nokuphiliswa nguye kwizifo ngezifo.

[16]Ke yena uYesu wayemana ukuya esiguqweni ngasese, athandaze.

Ukuphiliswa kofe umzimba
(Mat 9:1-8; Marko 2:1-12)

[17]Kwathi ngamini ithile uYesu efundisa, kwafika abaFarasi nabachazi-mthetho, bephuma kuzo zonke iindolophu zelaseGalili nelakwaJuda, naseJerusalem. Amandla eNkosi ayekho kuye, ephilisa.

[18] Chegaram, então, uns homens trazendo um paralítico numa maca e tentaram fazê-lo entrar na casa, a fim de apresentá-lo perante Jesus.
[19] Não tendo sucesso nessa tentativa, devido à grande multidão aglomerada, subiram ao terraço e o baixaram em sua maca, através de uma abertura no teto, até o meio da multidão, bem diante de Jesus.
[20] Observando a fé que aqueles homens demonstravam, Jesus declarou: "Homem! Os teus pecados estão perdoados".

[21] Diante disto, os escribas e os fariseus começaram a cogitar: "Quem é este que profere blasfêmias? Quem tem poder para perdoar pecados, a não ser somente Deus?"

[22] Jesus, entretanto, tendo pleno discernimento do que estavam pensando, questionou-lhes: "Que censurais em vossos corações?
[23] Que é mais fácil declarar: 'Os teus pecados estão perdoados', ou 'Levanta-te e anda'?
[24] Todavia, para que vos certifiqueis de que o Filho do homem tem na terra autoridade para perdoar pecados" – dirigindo-se ao paralítico declarou – "Eu te ordeno: Levanta-te! Pega a tua maca e vai para casa".
[25] Então, naquele mesmo instante, o homem se levantou diante de todos os presentes, pegou a maca em que estivera prostrado e correu para casa louvando e bendizendo a Deus.

[18]Nako ke kufika amadoda ethwele ngokhuko umntu ofe umzimba, efuna ukumngenisa endlwini, ambeke phambi koYesu.
[19]Exakiwe kukumngenisa ngenxa yokuxinana kwesihlwele, akhwela phezu kwendlu, aqhaqha uphahla, amhlisa ngokhuko, ambeka phakathi, phambi koYesu.
[20]Akulubona uYesu ukholo lwawo, wathi kofe umzimba: "Mfondini, izono zakho zixolelwe."
[21]Baza abachazi-mthetho nabaFarasi bathetha bodwa besithi: "Yini na ukuba lo mntu anyelise ngolu hlobo? Ngubani kakade onako ukuxolela izono ngaphandle koThixo?"

[22]UYesu ke, ezazi iingcamango zabo, wabaphendula wathi kubo: "Yini na ukuba nibe nezi ngcamango ezintliziyweni zenu?
[23]Okukona kulula kukuphi? Kukho ukuthi: 'Izono zakho zixololwe,' kukho nokuthi: 'Vuka uhambe'?
[24]Ke ukuze nazi ukuba yena uNyana woLuntu unalo igunya lokuxolela izono emhlabeni apha – úthi kofe umzimba – ndithi kuwe: 'Vuka, uthathe ukhuko lwakho, uhambe ugoduke!' "

[25]Waphakama kwangoko bemjongile, waluthatha ukhuko abelele kulo, wagoduka ebulela uThixo.

26 E todos ficaram estupefatos e glorificavam a Deus; e, tomados de grande temor, exclamavam: “Hoje vimos grandes prodígios!”

26Bamangaliswa ke bonke, bamdumisa uThixo, besoyika kakhulu, besithi: “Sibone umhlola namhlanje.”

A vocação de Levi

Ukubizwa kukaLevi

(Mat 9:9-13; Marko 2:13-17)

27 Passados estes eventos, saindo Jesus, encontrou-se com um publicano, chamado Levi, sentado à mesa da coletoria, e o convocou: “Segue-me!”

27Emva koko uYesu waphuma, waza wabona umqokeleli-rhafu, ogama linguLevi, ehleli eofisini yerhafu; wathi kuye: “Ndilandele.”

28 Levi levantou-se, abandonou tudo e seguiu a Jesus.

28Washiya konke ke, wamlandela.

29 Então Levi ofereceu a Jesus uma grande festa em sua casa; e uma multidão de publicanos e de outras pessoas estava à mesa comendo com eles.

29ULevi ke wamenzela isidlo esikhulu uYesu endlwini yakhe. Kweso sidlo kwakukho iqela elikhulu labaqokeleli-rhafu nabanye abantu.

30 Os fariseus e seus escribas reclamaram dos discípulos de Jesus: “Por que comeis e bebeis com os publicanos e pecadores?”

30Ke abaFarasi nabachazi-mthetho babebakrokrela abafundi bakaYesu, besithi: “Yini na ukuba nitye nisele kunye nabaqokeleli-rhafu naboni?”

31 Ao que Jesus lhes ponderou: “Os que têm saúde não precisam de médico, mas sim os enfermos.

31Wabaphendula uYesu esithi: “Ugqirha akafuneki nganto kwabaphilileyo, ufuneka kwabagulayo.

32 Eu não vim para convocar os justos, mas sim, para chamar os pecadores ao arrependimento!”

32Andizanga kubiza malungisa, ndize kubiza aboni, ukuba baguquke.”

Acerca do jejum

Ukuzila ukutya

(Mat 9:14-17; Marko 2:18-22)

33 Em seguida eles lhe observaram: “Os discípulos de João jejuam e oram com grande frequência, assim como os discípulos dos fariseus; no entanto, os teus vivem comendo e bebendo”.

33Ke kaloku abantu abathile bathi kuYesu: “Kutheni na ukuba abafundi bakaYohane nababaFarasi basoloko bezila ukutya, bethandaza, kanti bona abakho bayatya basele?”

34 Jesus então lhes propôs: “Podeis fazer jejuar os convidados para o casamento, enquanto está com eles o próprio noivo?

34UYesu ke wathi kubo: “Ngaba abakhaphi bomyeni ninokubazilisa na ukutya umyeni esenabo?

[35] Contudo, dias virão, em que lhes será tirado o noivo; naqueles dias, verdadeiramente, jejuarão”.
[36] E lhes acrescentou esta parábola para pensar: “Ninguém tira um remendo de roupa nova e o costura sobre roupa velha; se o fizer, certamente estragará a roupa nova; e, além disso, o remendo novo jamais se ajustará à velha roupa.
[37] Da mesma maneira, não há alguém que coloque vinho novo em recipiente de couro velho. Ora, se o fizer, o vinho novo, ao fermentar, arrebentará o recipiente, se derramará e danificará o recipiente onde fora colocado.
[38] Ao contrário! O vinho novo deve ser posto em um recipiente de couro novo.
[39] Pois, pessoa alguma, depois de beber o vinho velho, prefere o novo; porquanto se diz: ‘O vinho velho é bom o suficiente!’”.

Lucas 6

Jesus é Senhor do sábado

[1] Em um certo dia de sábado, enquanto Jesus caminhava pelos campos, onde se plantavam cereais, seus discípulos começaram a colher e a debulhar espigas com as mãos, e se alimentavam dos grãos.

[2] Foi quando alguns dos fariseus os inquiriram: “Por que fazeis o que não é permitido durante o sábado?”

[3] Então Jesus os questionou: “Nem ao menos tendes lido o que fez Davi, quando teve fome, ele e os seus companheiros?
[4] Pois ele entrou na casa de Deus e, tomando os pães da Presença, alimentou-se do que

[35]Hayi, kodwa yofika yona imini yokuba umyeni asuswe kubo. Ngaloo mini ke baya kukuzila ukutya.”

[36]Ke kaloku uYesu wathetha umzekeliso kubo, esithi: “Akukho mntu uthatha isiziba kwisambatho esitsha asithungele kwesidala, hleze asonakalise isambatho esitsha, sibe isiziba eso singasilungeli nesidala.

[37]Kananjalo akukho mntu uyitha kwiimvaba ezindala iwayini entsha engekabili; kuba, ukuba uthe wenjenjalo, iwayini leyo yobila, izigqabhuze iimvaba, ichitheke, zonakale nezo mvaba.

[38]Iwayini engekabili mayithiwe kwiimvaba ezintsha.

[39]Kananjalo akukho mntu uthi, esele iwayini endala, athande nengekatsali, kuba uthi: ‘Endala inencasa!’ ”

ULuka 6

Imfundiso kaYesu malunga noMhla woPhumlo

(Mat 12:1-8; Marko 2:23-28)

[1]Kwathi uYesu ecanda emasimini ngoMhla woPhumlo, abafundi bakhe bakha izikhwebu zengqolowa, bazichuba, batya.

[2]Ke abathile bakubaFarasi bathi kubo: “Kungani na ukuba nenze okungavumelekanga ngoMhla wokuPhumla?”

[3]Waphendula uYesu wathi: “Anizange nikufunde na oko wakwenzayo uDavide mhla walamba yena neqela lakhe?

[4]Kaloku wangena endlwini kaThixo, wazithatha wazitya izonka ezazinikelwe

apenas aos sacerdotes era permitido comer, e os entregou de igual modo aos seus amigos".

5 E Jesus lhes asseverou: "O Filho do homem é Senhor do sábado!"

A cura de um homem que tinha uma das mãos mirrada

6 Num outro sábado, Ele entrou na sinagoga e iniciou o seu ensino; e estava ali um homem cuja mão direita era atrofiada.

7 Os doutores da Lei e os fariseus estavam ávidos para achar algum motivo pelo qual pudessem acusar Jesus; e por isso o observavam com toda a atenção, a fim de perceber se Ele o haveria de curar durante o sábado.

8 Todavia, Jesus tinha conhecimento do que eles pensavam, mesmo assim pediu ao homem da mão atrofiada: "Levanta-te, vem à frente e permanece em pé aqui no meio". E o homem se levantou e atendeu a Ele.

9 Jesus então dirigiu-se a eles: "Eu vos apresento uma questão: O que é permitido realizar no sábado: o bem ou o mal? Salvar uma vida ou destruí-la?"

10 E Jesus olha atentamente para cada um dos que estão à sua volta e ordena ao homem: "Estende a tua mão!" O homem a estendeu, e ela foi instantaneamente restaurada.

11 Contudo, eles ficaram enraivecidos e começaram a tramar entre si sobre que fim dariam a Jesus.

A eleição dos doze

kuThixo, wanika neqela lakhe. Kanti ke ngokomthetho ezo zonka azimelwe kutyiwa ngabangengobabingeleli. "

5Waza ke wathi kubo: "UNyana woLuntu uyiNkosi yawo noMhla woPhumlo."

Ukuphiliswa kowome isandla

(Mat 12:9-14; Marko 3:1-6)

6Ngomnye uMhla woPhumlo uYesu wangena endlwini yesikhungo wafundisa. Apho kwakukho umntu owome isandla sokunene.

7Babemlalele abachazi-mthetho nabaFarasi, befuna ukubona ukuba wophilisa na ngoMhla woPhumlo, khon' ukuze bafumane isizathu sokummangalela.

8UYesu ke wayezazi iingcamango zabo, waza wathi kuloo mntu wayome isandla: "Phakama, uze ngaphambili." Waphakama ke, wema apho.

9Waza wathi uYesu: "Ndixeleleni: okuvumelekileyo ngoMhla wokuPhumla kukwenza okulungileyo, okanye kukwenza okubi; kukuphilisa umntu, okanye kukubulala, kusini na?"

10Akuba ebasingasingile bonke, wathi kuloo mntu: "Solule isandla sakho." Wenjenjalo ke, saza saphila isandla sakhe.

11Basuka ke bona bajwaqeka ngumsindo, bebuzana bodwa ukuba bangamthini na uYesu.

Ukunyulwa kwabafundi abalishumi elinambini

(Mat 10:1-4; Marko 3:13-19)

[12] E ocorreu naquela ocasião que Jesus se retirou para um monte a fim de orar, e atravessou toda a noite em oração a Deus.

[13] Logo ao nascer do dia, convocou seus discípulos e escolheu dentre eles, doze, a quem também designou como apóstolos:

[14] Simão, a quem deu o nome de Pedro; seu irmão André; Tiago; João; Filipe; Bartolomeu;

[15] Mateus; Tomé; Tiago, filho de Alfeu; Simão, conhecido como Zelote;

[16] Judas, filho de Tiago; e Judas Iscariotes, que se tornou traidor.

O sermão da montanha

[17] Então, desceu Jesus com os apóstolos e parou num lugar plano. Estavam ali reunidos muitos dos seus discípulos, e uma enorme multidão vinda de toda a Judéia, de Jerusalém e do litoral de Tiro e de Sidom,

[18] pessoas que vieram para serem ensinadas por Ele e curadas de suas doenças. Aqueles que eram atormentados por espíritos impuros foram curados,

[19] e cada pessoa da multidão procurava tocar nele, pois dele emanava poder que curava a todos.

As bem-aventuranças

[20] Então, dirigindo o olhar para os seus discípulos, Jesus lhes declarou: “Bem-aventurados vós, os pobres, porquanto a vós pertence o Reino de Deus.

[21] Bem-aventurados vós, que agora tendes fome, porque sereis saciados. Bem-

[12]Kwathi ngaloo mihla uYesu waphuma, wasinga entabeni, esiya kuthandaza. Wachitha ubusuku bonke ezibika kuThixo.

[13]Kwakusa wababizela kuye abafundi bakhe, wanyula kubo balishumi elinambini, awababiza ngelokuba ngabathunywa.

[14]Yayingâba: USimon, awamthiya ngelokuba nguPetros, noAndreya umntakwabo; uYakobi noYohane; uFilipu noBhartolomeyu;

[15]uMatewu noTomas; uYakobi, lo ka-Alifeyu, noSimon ekuthiwa liTsha-ntliziyo;

[16]uJudas kaYakobi, noJudas Sikariyoti, owaba ngumngcatshi.

UYesu uyafundisa aphilise

(Mat 4:23-25)

[17]UYesu wehla nabo entabeni, wema endaweni ethe tyaba, eneqela elikhulu labafundi bakhe, nenkitha enkulu yabantu, bevela kulo lonke elakwaJuda, naseJerusalem, nakuwo ummandla ongaselwandle ojikeleze iTire neSidon,

[18]beze kumphulaphula nokuba abaphilise kwizifo zabo.

[19]Yonke loo nkitha yabantu yayifuna ukumchukumisa, kuba wayenamandla okuphilisa, bephila bonke.

Iintsikelelo neziqalekiso

(Mat 5:1-12)

[20]UYesu ebakhangele abafundi bakhe, wathi: “Hayi uyolo lwenu, nina basweleyo, kuba nilawulwa nguThixo!

[21]Hayi uyolo lwenu, nina balambayo ngoku, kuba niya kuhlutha! Hayi uyolo lwenu, nina balilayo ngoku, kuba niya kuhleka!

aventurados vós, que neste momento estais chorando, pois haveis de sorrir.

22 Bem-aventurados sois, quando as pessoas vos odiarem, vos expulsarem do convívio delas, vos insultarem, e excluírem vosso nome, julgando-o execrável, por causa do Filho do homem.

23 Regozijai-vos nesse dia e saltai de alegria, porquanto imensa é a vossa recompensa no céu. Pois, desta mesma maneira, os seus antepassados agiram contra os profetas.

Os pesares de Jesus

24 Porém, ai de vós, os ricos! Pois já ganharam toda a vossa consolação.

25 Ai de vós, que viveis agora em fartura, porque vireis a passar fome. Ai de vós, que agora rides, pois haveis de muito lamentar e prantear.

26 Ai de vós, quando todos vos louvarem! Porquanto, foi assim também que agiram os vossos antepassados com os falsos profetas.

Jesus ensina a amar aos inimigos

27 Contudo, tenho a declarar a vós outros que me estais ouvindo: amai os vossos inimigos, fazei o bem aos que vos odeiam;

28 abençoai aos que vos amaldiçoam, orai pelos que vos acusam falsamente.

29 Ao que te bate numa face, oferece-lhe igualmente a outra; e, ao que tirar a tua capa, não o impeças de tirar-te também a túnica.

30 Dá sempre a todo aquele que te pede; e, se alguém levar o que te pertence, não lhe exijas que o devolva.

22“Hayi uyolo lwenu xa abantu bathe banithiya ngenxa yakhe uNyana woLuntu, benigxotha, beningcikiva, benihlamba okwabancanyiweyo.

23Ze nivuye ngaloo mini, nisuke imitsi; kuba ngenene umvuzo wenu mkhulu ezulwini. Kaloku babesenjenjalo ooyise kubo abashumayeli bamandulo.

24“Kodwa mawoo, nina zityebi! Senilufumene ulonwabo lwenu nina kaloku.

25Mawoo, nina bahluthayo ngoku! Nina niya kulamba. Mawoo, nina bahlekayo ngoku! Niya kukhedama nilile nina.

26“Kunyembelekile xa bathe bathetha kakuhle ngani bonke abantu! Kaloku babesenjenjalo ooyise kubashumayeli abaxokayo.”

Zithandeni iintshaba zenu

(Mat 5:38-48; 7:12a)

27“Ke mna ndithi kuni, nina nindivayo: Zithandeni iintshaba zenu, nibenzele okulungileyo abo banithiyileyo.

28Basikeleleni abo baniqalekisayo, nibathandazele abo banigxekayo.

29Lowo ukubetha esidleleni, mnike nesinye. Okohlutha isivatho sakho sangaphezulu, ungamaleli nesangaphantsi.

30Bonke abacela kuwe, baphe. Kothatha izinto zakho uzungabuye uzibize.

[31] Como quereis que as pessoas vos tratem, assim fazei a elas da mesma maneira.

[32] Pois se amais os que vos amam, que galardão pode haver nisso? Porquanto, até mesmo os ímpios amam aqueles que os amam.

[33] E se fizerdes o bem aos que vos fazem o bem, qual é o vosso mérito? Até os infiéis agem deste mesmo modo.

[34] E ainda, se emprestais àqueles de quem esperais receber de volta, qual é a vossa recompensa? Também os incrédulos emprestam aos incrédulos, a fim de receberem seu retorno desejado.

[35] Concluindo, amai os vossos inimigos, fazei o bem e emprestai, sem se desesperar por receber de volta. Então, sendo assim, grande será o vosso prêmio, e sereis filhos do Altíssimo. Porquanto Ele é bondoso até mesmo para com os ingratos e ímpios.

[36] Sede misericordiosos para com os outros, assim como vosso Pai é misericordioso para convosco.

Não cabe ao discípulo julgar o próximo

[37] Não julgueis e não sereis julgados; não condeneis e não sereis condenados; perdoai e sereis perdoados.

[38] Dai sempre, e recebereis sobre o vosso colo uma boa medida, calcada, sacudida, transbordante; generosamente vos darão. Portanto, à medida que usares para medir o teu próximo, essa mesma será usada para vos medir.

Parábola do cego que conduz outro cego

[31]Benzeleni okulungileyo abanye abantu ngolo hlobo ninga banganenzela ngalo okulungileyo.

[32]“Ukuba nithanda abo banithandayo bodwa, ninanzuzoni? Kaloku naboni bayabathanda abo babathandayo!

[33]Xa nithi nenze okulungileyo kwabanenzela okulungileyo bodwa, ninanzuzoni? Kaloku naboni benza kwaloo nto!

[34]Xa nithi niboleke abo nithembe ukubuyiselwa ngabo bodwa, ninanzuzoni? Kaloku naboni bayabolekana, ukuze babuyiselane.

[35]Ke nina, zithandeni iintshaba zenu, nenze okulungileyo; niboleke ningathembanga mbuyiselo. Woba mkhulu ke umvuzo wenu, nibe ngoonyana bakaThixo uPhezukonke, kuba yena unobubele kwabangabuleliyo nabakhohlakeleyo.

[36]Ngoko ke yibani nenceba, njengokuba naye uYihlo enenceba.”

Musani ukugweba
(Mat 7:1-5)

[37]“Musani ukugweba; nani ke aniyi kugwetywa nguThixo. Musani ukugxeka; nani ke aniyi kugxekwa nguThixo. Xolelani; nani ke niya kuxolelwa nguThixo.

[38]Yiphani; nani ke niya kuphiwa nguThixo. Ewe, nophiwa isabelo esihle, esipheleleyo, esigalelwa engubeni yenu. Indlela enabela abanye ngayo, nani niya kwabelwa kwangayo nguThixo.”

[39] Então, Jesus lhes propôs também uma parábola: "É possível um cego guiar outro cego? Não acontecerá que ambos venham a cair em algum buraco?

[40] O discípulo não pode estar acima do seu mestre e; entretanto, todo aquele que completar condignamente seu aprendizado, será como seu mestre.

[41] Por que reparas no cisco que está no olho do teu irmão e não percebes o tronco que está no teu próprio olho?

[42] Como poderás advertir a teu irmão dizendo: 'Irmão! Permita que eu tire o cisco do teu olho', se tu mesmo nem sequer notas o tronco que repousa no teu olho? Hipócrita! Retira, antes de tudo, a trave do teu olho e, só assim, verás com nitidez para tirar o cisco que está no olho de teu irmão.

Parábola da árvore e seu fruto

[43] Não existe árvore boa produzindo mau fruto; nem inversamente, uma árvore má produzindo bom fruto.

[44] Pois cada árvore é conhecida pelos seus próprios frutos. Não é possível colher-se figos de espinheiros, nem tampouco, uvas de ervas daninhas.

[45] Uma pessoa boa produz do bom tesouro do seu coração o bem, assim como a pessoa má, produz toda a sorte de coisas ruins a partir do mal que está em seu íntimo, pois a boca fala do que está repleto o coração.

A parábola do sábio e do insensato

[46] E por que me chamais: 'Senhor, Senhor', e não praticais o que Eu vos ensino?

[39]UYesu ke wabenzela umzekeliso, wathi: "Ngaba imfama inokuyikhokela na enye imfama? Aziyi kuthi zombini zeyele emhadini yini na?

[40]Akukho mfundi mkhulu kunomfundisi wakhe; xa afundiswe ngokupheleleyo, uya kwandula abe njengomfundisi wakhe.

[41]"Yini na ukuba usibone isibi esiselisweni lowenu, kanti wona umqadi okwelakho iliso akuwuboni?

[42]Ungáthini na ukuba nako ukuthi kuwenu: 'Wethu, khawume ndisikhuphe isibi esiselisweni lakho,' ukanti wena akuwuboni umqadi okwelakho iliso? Mhanahanisindini, qala ukhuphe umqadi lowo ukwelakho iliso! Wobona kakuhle ke, ube nako ukusikhupha isibi esiselisweni lowenu."

Umthi neziqhamo zawo
(Mat 7:16-20; 12:33-35)

[43]"Akukho mthi mhle uvelisa iziqhamo ezibi; kananjalo akukho mthi mbi uvelisa iziqhamo ezihle.

[44]Kaloku umthi wonke waziwa ngeziqhamo zawo. Amakhiwane akakhiwa emngeni; kananjalo iidiliya azivunwa elubobeni.

[45]Umntu olungileyo uvelisa ukulunga okuphuma entliziyweni yakhe. Ke okhohlakeleyo uvelisa inkohlakalo ephuma entliziyweni yakhe. Kaloku loo nto intliziyo iphuphuma yiyo iphuma ngomlomo."

Abakhi ababini
(Mat 7:24-27)

[46]"Yini na ukuba nithi kum: 'Nkosi, Nkosi!' kanti noko anikwenzi endikuthethayo?

[47] Eu vos revelarei com quem se compara àquela pessoa que vem a mim, ouve as minhas palavras e as pratica.

[48] É como se fosse um homem que, ao construir sua casa, cavou fundo e firmou os alicerces sobre a rocha. E sobrevindo grande enchente, o rio transbordou e as muitas águas avançaram sobre aquela casa, mas a casa não se abalou, por ter sido solidamente edificada.

[49] Entretanto, aquele que ouve as minhas palavras e não as pratica, é como um homem que construiu sua casa sobre a terra, sem alicerces. No momento em que as muitas águas chocaram-se contra ela, a casa caiu, e a sua destruição foi total".

[47]Ke wonke umntu ozayo kum, aweve amazwi am awenze,

[48]ufana nomntu owayesakha indlu, waza wemba ngokunzulu, wenza isiseko samatye. Kwathi ke, kwakubakho isikhukula iimpuphuma zagaleleka kuloo ndlu, zaza azaba nako ukuyishukumisa, kuba yayakhiwe ngokufanelekileyo.

[49]Kodwa owavileyo amazwi am waza akawenza, yena ufana nomntu owakhe indlu phezu komhlaba, kungekho siseko. Kwathi ke, zakugaleleka kuyo iimpuphuma, yawa kwangoko, yadilika didli!"

Lucas 7

O centurião de Cafarnaum

[1] Havendo concluído suas instruções aos discípulos e ao povo, Jesus entrou em Cafarnaum.

[2] E o servo de um centurião, a quem este muito estimava, estava doente e à beira da morte.

[3] O centurião havia ouvido falar de Jesus e, por isso, lhe enviou alguns líderes religiosos dos judeus, pedindo que fosse curar seu servo.

[4] Então, aproximando-se de Jesus, apelaram-lhe com muitas súplicas: "Este é um homem que merece que lhe concedas esse favor,

[5] pois trata nosso povo com elevada consideração, e ele mesmo construiu nossa sinagoga".

ULuka 7

Ukuphiliswa kwesicaka somphathi-butho

(Mat 8:5-13)

[1]Akuba uYesu egqibile ukuwathetha la mazwi ephulaphulwe ngabantu, waya kungena eKapernahum.

[2]Ke apho kwakukho mphathi-butho uthile wamajoni osicaka sakhe asithandayo sasigulela ukufa.

[3]Uthe ke akuva ngoYesu, wathumela kuye amadoda amakhulu amaJuda, ecela ukuba eze kusiphilisa isicaka sakhe.

[4]Akufika kuYesu, ambongoza enyamekile, esithi: "Mncede lo mntu,

[5]kuba uyaluthanda uhlanga lwethu; wada wasakhela nendlu yesikhungo."

[6] Então Jesus seguiu com eles. Mas, ao chegarem nas proximidades da residência, o centurião enviou-lhe alguns amigos para lhe entregarem a seguinte notícia: “Senhor, não te incomodes, porque sei que não sou digno de receber-te sob o teto da minha casa.

[6]UYesu wahamba nabo. Kwathi ke xa akufuphi nomzi lowo, umphathi-butho wathumela kuye ngezihlobo, esithi: “Nkosi ungàzikhathazi, kuba andifanelekanga ukuba ungade ungene endlwini yam.

[7] Por isso, nem mesmo me considerei merecedor de ir ao teu encontro. Mas ordena, com uma só palavra, e o meu servo será curado.

[7]Mna ngokwam andifanelanga ukuba ndize kuwe. Thetha nje ilizwi: sophila isicaka sam.

[8] Pois eu também sou homem sujeito à autoridade, e tenho soldados sob o meu comando. Mando a um: vai, e ele vai; e a outro: vem, e ele vem; e ao meu servo: faze isto, e ele o faz.

[8]Nam ndingumntu obekwe phantsi kwegunya, kwaye ndinamajoni aphantsi kwam: kweli ndithi: ‘Yiya,’ liye; kweliya: ‘Yiza,’ lize; kwisicaka sam: ‘Yenza oku,’ sikwenze.”

[9] Ao ouvir esta declaração, Jesus muito se admirou dele e, voltando-se para a multidão que o acompanhava, exclamou: “Asseguro-vos que nem mesmo em Israel encontrei uma fé como esta”.

[9]Ezivile uYesu ezi zinto, wamangaliswa, wajika wathi kwindimbane eyayimlandela: “Ndithi kuni, nkqu nakwaSirayeli andifumananga lukholo lungaka.”

[10] E aconteceu que os homens que haviam sido enviados, retornaram para a casa do centurião, e ao chegarem lá, encontraram o servo dele totalmente curado.

[10]Kwathi ke bakubuyela endlwini abo babethunyiwe, basifumana isicaka siphilile.

O filho da viúva de Naim

UYesu uvusa unyana womhlolokazi eNayin

[11] No dia seguinte, partiu Jesus para uma cidade chamada Naim, e com ele caminhavam seus discípulos e uma grande multidão.

[11]Emva koko uYesu waya edolophini ekuthiwa yiNayin, ekunye neqela labafundi bakhe, nendimbane enkulu.

[12] Ao se aproximar da porta da cidade, estava saindo o enterro do filho único de uma viúva; e grande multidão da cidade a acompanhava.

[12]Ke kaloku, akusondela esangweni ledolophu leyo, nako kuthwalelwa phandle umntu ofileyo. Umfi lowo wayekuphela konyana womhlolokazi. Loo mhlolokazi wayephelekwe yindimbane enkulu yasedolophini apho.

[13] Ao observá-la, o Senhor se compadeceu dela e a encorajou: “Não chores!”

[13]Ithe ke iNkosi, yakumbona, yavelana naye, yathi kuye: “Sukulila.”

[14] E aproximando-se, tocou no esquife. Então, os que o carregavam pararam. E Jesus exclamou: “Jovem! Eu te ordeno: levanta-te!”

[15] No mesmo instante, o jovem que estivera morto se pôs sentado, e começou a conversar, e assim Jesus restituiu o jovem à sua mãe.

[16] Todos foram tomados de grande temor e louvavam a Deus proclamando: “Grande profeta foi levantado entre nós!” e “Deus veio salvar o seu povo!”

[17] Estas notícias a respeito de Jesus circularam por toda a Judéia e regiões circunvizinhas.

João envia dois discípulos seus a Jesus

[18] Então, os discípulos de João lhe relataram todos esses acontecimentos. E João, chamando dois deles,

[19] enviou-os ao Senhor para lhe perguntar: “És Tu aquele que estava para chegar ou havemos de esperar outro?”

[20] Assim que os discípulos de João se aproximaram de Jesus lhe explicaram: “João Batista mandou-nos para vos indagar: ‘És Tu aquele que estava para chegar ou havemos de esperar outro?’”.

[21] E naquela mesma hora Jesus curou muitos de doenças e todos os tipos de sofrimento, bem como de espíritos malignos, e concedeu visão a muitos que eram cegos.

[22] E, depois disto, declarou aos mensageiros: “Ide e relatai a João tudo o que vistes e ouvistes: os cegos vêem, os aleijados andam, os leprosos são

[14]Yasondela iNkosi, yawachukumisa amanqwanqwa ababemthwele ngawo umfi, baza bema ababemthwele. Yathi: “Mfanandini, vuka!”

[15]Wavuka wathi qwa umfi lowo, waza wathetha. INkosi ke yamnikela kunina.

[16]Bonke ke bangenwa luloyiko, bamdumisa uThixo, besithi: “Kuvele umshumayeli omkhulu phakathi kwethu;” batsho besithi: “UThixo ubavelele abantu bakhe.”

[17]Ke ezi ndaba zingaye uYesu zavakala kulo lonke elakwaJuda, nakuwo wonke loo mmandla.

UYohane umbhaptizi uthumela abafundi ababini kuYesu

(Mat 11:2-19)

[18]Abafundi bakaYohane bambalisela zonke ezi zinto. UYohane ke, ebize babini kubafundi bakhe,

[19]wabathuma ukuba babuze kwiNkosi bathi: “Ungulowo uzayo na wena, okanye masilinde omnye?”

[20]Efikile ke kuYesu, amadoda lawo athi: “UYohane umbhaptizi usithume kuwe esithi: ‘Ungulowo uzayo na wena, okanye masilinde omnye?’ ”

[21]Ke kaloku, kwangelo xesha, uYesu wayephilisa abaninzi kwizifo zabo, nakwizibetho zabo, nakwiindimoni, waza neemfama ezininzi wazinika ukubona.

[22]Waphendula ke uYesu wathi kuwo: “Hambani niye kumbalisela uYohane izinto enizibonileyo nenizivileyo; okokuba iimfama zibuya zibone, iziqhwala

purificados, os surdos ouvem, os mortos são ressuscitados e o Evangelho é pregado aos pobres.

23 E mais, bem-aventurado é aquele que não se escandalizar por minha causa!”

Jesus confere honras a João

24 Havendo partido os mensageiros de João, passou Jesus a testemunhar às multidões acerca da pessoa e da obra de João: “Que saístes a ver no deserto? Um caniço movido de um lado para o outro pelo vento?

25 Que saístes a contemplar? Um cavalheiro vestido de roupas finas? Ora, os que vestem roupas suntuosas se entregam ao luxo e vivem em delícias estão nos palácios.

26 Afinal, que fostes observar? Um profeta? Eu vos asseguro que sim, e muito mais do que um profeta.

27 Este é aquele a respeito de quem está escrito: ‘Eis que enviarei o meu mensageiro à tua frente; pois ele preparará o teu caminho diante de Ti’.

28 Eu vos afirmo que dentre os nascidos de mulher não há um ser humano maior do que João. Todavia, o menor no Reino de Deus é maior do que ele”.

29 E todo o povo, inclusive os publicanos, ao ouvirem as palavras de Jesus, reconheceram que o caminho de Deus era justo, e se submeteram ao batismo de João.

30 Entretanto, os fariseus e os doutores da lei rejeitaram o conselho de Deus para eles próprios, e não se dispuseram a ser batizados por ele.

ziyahamba, abaneqhenqa bayahlanjululwa, izithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, abasweleyo bayazishunyayezwa iindaba ezimnandi.

23Unoyolo ke othe akakhutyekiswa ndim!”

24Bakuba bemkile abathunywa bakaYohane, uYesu wathetha ngoYohane kwisihlwele, esithi: “Naphuma nisiya kubona ntoni na entlango? Yayiyingcongolo na, izanya-zanyiswa ngumoya?

25Naphuma nisiya kubona ntoni na kakade? Yayingumntu ohombileyo na? Niyabona, abo banxiba izivatho eziqaqambileyo, badle amanqatha elizwe, ngabasezindlwini zookumkani.

26Ngaba naphuma nisiya kubona ntoni na kakade? Yayingumshumayeli na? Ewe, ndithi kuni, nibone oyena ungumshumayeli ngokupheleleyo.

27UYohane ngulowo uThixo atshoyo ngaye eziBhalweni ukuthi: “ ‘Naso isigidimi sam esiya kukwandulela, sikugabulele izigcawu.’

28“Ndithi kuni, kubo bonke abazelwe kweli hlabathi akukho bani mkhulu kunoYohane; kanti noyena mncinane ùphantsi kolawulo olutsha lukaThixo mkhulu kunaye.”

29Bakukuva oku, bonke abantu, kwanabaqokeleli-rhafu, bakungqina ukulunga kukaThixo, ekubeni babebhaptiziwe ngobhaptizo lukaYohane.

30Ke bona abaFarasi nabachazi-mthetho balidela icebo likaThixo lokubasindisa, kuba babengavumanga ukubhaptizwa nguYohane.

[31] "Sendo assim, a que compararei as pessoas da presente geração?", prosseguiu Jesus, "Com que se assemelham?"

[32] "Ora, são como crianças que ficam sentadas na praça e gritam umas às outras: 'Nós vos tocamos flauta, e vós não dançastes; entoamos lamentações e vós não chorastes'.

[33] Assim tendes agido, pois veio João Batista, que não come pão e não bebe vinho, e julgais: 'Este está com demônio!'.

[34] Então chegou o Filho do homem, comendo pão e bebendo vinho, e condenais: 'Eis aí um glutão e beberrão, amigo de publicanos e pecadores!'.

[35] Todavia, os filhos da Sabedoria reconhecem e acolhem as suas obras".

A pecadora que ungiu os pés de Jesus

[36] Tendo sido convidado por um dos fariseus para jantar, Jesus foi à casa dele e reclinou-se, como era o costume, junto à mesa.

[37] Assim que tomou conhecimento que Jesus estava reunido à mesa, na casa do fariseu, certa mulher daquela cidade, uma pecadora, trouxe um frasco de alabastro cheio de perfume.

[38] E, posicionando-se atrás de Jesus, prostrou-se a seus pés e começou a chorar. Suas lágrimas molharam os pés de Jesus, mas ela, em seguida os enxugou com os próprios cabelos, beijou-os e os ungiu com o perfume.

[39] Diante de tal cena, o fariseu que o havia convidado falou consigo mesmo: "Se este homem fora de fato profeta, bem saberia

[31]UYesu yena wayesithi: "Ndingabafanisa nantoni na ke ngoko abantu besi sizukulwana?

[32]Bafana nabantwana abahleli ebaleni lembutho, abanye bebhekisa kwabanye besithi: " 'Sanombelela, naza anaxhentsa; sanihlabelela ingoma yesalilo, naza nina analila!'

[33]"Kaloku wafika uYohane umbhaptizi, ezila ukutya, engaseli wayini, naza nina nathi: 'Unendimoni.'

[34]Ufikile ke yena uNyana woLuntu, esidla, esela; naza nina nathi: 'Khanibone, nanku umntu onyolukileyo, oyindlamanzi, umhlobo wabaqokeleli-rhafu naboni!'

[35]Kambe ke ubulumko bukaThixo bubonakaliswa buyinyaniso kubo bonke ababamkeleyo."

Ukuxolelwa komfazi owayengumoni

[36] UmFarasi othile wamema uYesu ukuba aye kutya kwakhe. UYesu ke wangena endlwini yomFarasi lowo, waya kuhlala etafileni.

[37]Kuloo dolophu kwakukho umfazi owayengumoni, owathi, akuva ukuba uYesu usendlwini yomFarasi lowo, weza ephethe iqhaga lelitye lelabhastile, linamafutha aqholiweyo.

[38]Waya kuma ngasemva koYesu, ngasezinyaweni zakhe, elila; waza wazifefa iinyawo zakhe ngeenyembezi, wazisula ngeenwele zakhe, wazanga iinyawo zakhe, wazithambisa ngamafutha lawo.

[39]Akukubona oko umFarasi lowo wayememe uYesu, uthethe yedwa esithi: "Ukuba lo mntu ebengumshumayeli,

quem nele está tocando e que espécie de mulher ela é: uma pecadora!”

[40] Então, voltou-se Jesus para o fariseu e lhe propôs: “Simão, tenho algo para dizer-te”. Ao que ele aquiesceu: “Sim, Mestre, dize-me”.

[41] “Dois homens deviam a certo credor. Um lhe devia quinhentos denários e o outro, cinquenta.

[42] Nenhum dos dois tinha com que pagar, por isso o credor decidiu perdoar a dívida de ambos. Qual deles o amará mais?”

[43] Replicou-lhe Simão: “Imagino que aquele a quem foi perdoada a dívida maior”. Ao que Jesus o congratulou: “Julgaste acertadamente!”

[44] Então, virou-se em direção à mulher e declarou a Simão: “Vês esta mulher? Entrei em tua casa, e não me trouxeste água para lavar os pés, como é o costume. Esta, porém, molhou os meus pés com suas lágrimas e os enxugou com os próprios cabelos.

[45] Da mesma maneira, tu não me saudaste com um beijo na face, como é tradicional; ela, todavia, desde que cheguei não cessa de me beijar os pés.

[46] E mais, tu não me ungiste a cabeça com óleo, como era de se esperar, mas esta mulher, com puro bálsamo, ungiu os meus pés.

[47] Por tudo isso, te asseguro: o grande amor por ela demonstrado prova que seus muitos pecados já foram todos perdoados. Mas

ngesazi ukuba ngubani, eluhlobo luni na, lo mfazi umchukumisayo; kuba ungumoni.”

[40]Waphendula uYesu wathi kuye: “He Simon, yiva apha!” Wathi ke yena: “Yitsho, Mfundisi.”

[41]Wathi uYesu: “Kwakukho mbolekisi-mali uthile, enabantu ababini abanamatyala kuye. Omnye wayenetyala elingangeerandi ezimakhulu mahlanu, omnye ke zingamashumi amahlanu.

[42]Ekubeni bengenanto bangahlawula ngayo, usuke wabaxolela bobabini. Khawutsho ke, nguwuphi kubo oya kumthanda ngakumbi?”

[43]Waphendula uSimon wathi: “Ndiba ngulowo uxolelwe ngokungaphezulu.” Wathi kuye: “Uchane ucwethe!”

[44]Wajika ke uYesu, wakhangela kumfazi lowo, wathi kuSimon: “Uyambona ke lo mfazi? Ndingené endlwini yakho, waza wena akwandinika amanzi okuhlamba iinyawo zam; kanti ke yena iinyawo zam uzihlambe ngeenyembezi zakhe, wazisula ngeenwele zakhe.

[45]Akundanganga wena; kanti yena, okoko ndingenileyo, akayekanga ukuzanga iinyawo zam.

[46]Intloko yam akuyithambisanga ngamafutha; kanti yena iinyawo zam uzithambise ngamafutha aqholiweyo.

[47]Ngenxa yoko ke, ndithi kuwe: olu thando lwakhe lungaka lubonakalisa okokuba izono zakhe ebezizininzi zixolelwe. Kanti ke yena

onde há necessidade de pouco perdão, pouco amor é revelado.

[48] Em seguida, Jesus afirmou à mulher: "Perdoados estão todos os teus pecados!"

[49] Então, os demais convidados começaram a comentar: "Quem é este que pode até perdoar pecados?"

[50] E Jesus revela à mulher: "A tua fé te salvou; vai-te em permanente paz"

Lucas 8

As mulheres que serviam a Jesus com os seus bens

[1] Havendo passado esses acontecimentos, caminhava Jesus por todos os povoados e cidades proclamando as boas novas do Reino de Deus, e os Doze estavam com Ele.

[2] E também algumas mulheres que haviam sido curadas de espíritos malignos e doenças: Maria, conhecida como Madalena, de quem haviam saído sete demônios;

[3] Joana, esposa de Cuza, administrador da casa de Herodes; Susana e muitas outras. Essas mulheres cooperavam no sustento deles com seus bens.

A parábola do semeador

[4] E ocorreu que uma grande multidão se reuniu, e pessoas de todas as cidades vieram ouvir a Jesus. Foi quando Ele lhes propôs a seguinte parábola:

[5] "Eis que um semeador saiu a semear. Enquanto lançava a semente, parte dela caiu à beira do caminho; foi pisoteada, e as aves do céu a devoraram.

oxolelwe kancinane, ukwathanda kancinane."

[48]UYesu ke wathi kuloo mfazi: "Izono zakho zixolelwe."

[49]Baza abo babehleli naye etafileni bathi omnye komnye: "Ngaba ngubani na lo uxolela nezono?"

[50]UYesu ke wathi kumfazi lowo: "Ukholo lwakho lukusindisile; hamba ngoxolo."

ULuka 8

Abafazi ababelungiselela uYesu

[1]Kwathi emva koko uYesu watyhutyha iidolophu ngeedolophu neelali ngeelali, evakalisa eshumayela iindaba ezimnandi zolawulo lukaThixo. Wayehamba nabafundi bakhe abalishumi elinambini.

[2]Kwakukho nabafazi abathile ababephiliswe kwiindimoni nasebulwelweni. YayinguMariya ekuthiwa ngowaseMagadala, ekwakuphume kuye iindimoni ezisixhenxe,

[3]noYohana, umka-Kuza, igosa likaHerode, noSusana, kwanabanye abaninzi. Bona babelungiselela uYesu nabafundi bakhe.

Umzekeliso ngomhlwayeli

(Mat 13:1-9; Marko 4:1-9)

[4]Ke kaloku, kwakuba kuhlanganisene isihlwele esikhulu, kusuke abantu beelali ngeelali beza kuye, uYesu wathetha nabo ngomzekeliso, esithi:

[5]"Umhlwayeli waphuma waya kuhlwayela imbewu yakhe. Ekuhlwayeleni kwakhe enye yawa ngasendleleni, yanyathelwa, zathi iintaka zayichola-chola zayigqiba.

[6] Outra parte caiu sobre as rochas e, quando germinou, as plantas secaram, pois não havia umidade suficiente.

[7] Outra parte ainda, caiu entre os espinhos, que com ela cresceram e sufocaram suas plantas.

[8] Todavia, uma outra parte, caiu em boa terra. Germinou, cresceu e produziu grande colheita, a cem por um". Tendo concluído esta parábola, exclamou: "Aquele que tem ouvidos para ouvir, ouça!"

Jesus explica a parábola

[9] Seus discípulos lhe perguntaram o que Ele queria comunicar com aquela parábola.

[10] Ao que Ele lhes replicou: "A vós outros é concedido saber os mistérios do Reino de Deus; aos demais, contudo, anuncio através de parábolas, para que 'vendo, não vejam; e ouvindo, não compreendam'.

[11] Eis, portanto, o esclarecimento desta parábola: A semente é a Palavra de Deus.

[12] As que caíram à beira do caminho representam todos os que ouvem, mas então chega o Diabo e tira a Palavra do coração deles, para que não venham a crer e não sejam salvos.

[13] As que caíram sobre as rochas simbolizam os que recebem a Palavra com alegria assim que a ouvem, contudo não possuem raiz. Crêem por um período, mas desistem no tempo da provação.

[14] As que caíram entre os espinhos, significam os que ouvem; todavia, ao seguirem seu caminho, são sufocados pelas

[6]Yimbi yawa elulwalweni, yathi isantshula yatsha ngenxa yokuba umhlaba ubungafumanga.

[7]Yimbi yawa phakathi kokhula, lwasuka ukhula lwakhula kunye nayo, lwayiminxa.

[8]Yimbi yawa kumhlaba olungileyo, yakhula, yathwala isiqhamo ngokuphindwe kalikhulu." Etshilo ke wadanduluka esithi: "Oneendlebe zokuva makeve!"

Injongo yemizekeliso

(Mat 13:10-17; Marko 4:10-12)

[9]Ke abafundi bakaYesu bambuza besithi: "Ngaba uthetha ntoni na lo mzekeliso?"

[10]Wathi ke yena: "Nikuphiwe nina okokuba nizazi iimfihlelo ezingolawulo lukaThixo, kodwa abo bangakuphiwanga baziva ngemizekeliso nje, ukuze, njengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: " 'Bebona nje, bangaboni; besiva nje, bangaqondi.' "

Ingcaciso yomzekeliso

(Mat 13:18-23; Marko 4:13-20)

[11]"Ke kaloku lo mzekeliso uchazwa kanje: Imbewu le lilizwi likaThixo.

[12]Abo bangasendleleni ngabo bevayo, aze eze umtyholi alisuse ilizwi ezintliziyweni zabo, ukuze bangakholwa basindiswe.

[13]Abo ke baselulwalweni ngabathi, bakuliva ilizwi, balamkele ngovuyo, kodwa babe bengenazingcambu zendeleyo, kuba bakholwa okomzuzwana, ze bathi bakuhendwa, balahle.

[14]Leyo yawayo elukhuleni, ngabo bathi bevile baminxwe ekuhambeni kwabo

muitas ansiedades, pelas riquezas e pelos prazeres desta vida, e não conseguem amadurecer.

[15] No entanto, as que caíram em boa terra, são os que, de bom coração e com sinceridade, ouvem a Palavra, a entesouram, e com perseverança, frutificam.

A parábola da candeia

[16] Não há ninguém que, depois de acender uma candeia, a esconda debaixo de um jarro ou a coloque sob a cama. Ao contrário, coloca-a num lugar apropriado, de maneira que todos aqueles que entram, vejam o resplandecer da luz.

[17] Porquanto não há nada oculto que não venha a ser revelado, e nada escondido que não venha a ser conhecido e trazido à luz.

[18] Assim sendo, vede, pois, como ouvis; porque ao que tiver, mais se lhe concederá; e ao que não tiver, até mesmo aquilo que imagina possuir lhe será tirado”.

A família de Jesus

[19] Então a mãe e os irmãos de Jesus vieram para falar com Ele, entretanto, não conseguiam aproximar-se dele, pois grande era a multidão à sua frente.

[20] Certa pessoa comunicou a Jesus: “Tua mãe e teus irmãos estão lá fora e desejam ver-te”.

[21] Contudo, Ele lhe replicou: “Minha mãe e meus irmãos são aqueles que ouvem a Palavra de Deus e a praticam!”

Jesus apazigua a tempestade

[22] E aconteceu que, em um daqueles dias, ao entrar no barco, pediu Jesus aos seus

ngamaxhala nobutyebi neziyolo zobu bomi, baze bangavelisi ziqhamo.

[15]Ke leyo isemhlabeni omhle ngabo bathi ngentliziyo entle, elungileyo, bakuliva ilizwi, balibambe, bathwale iziqhamo benomonde.”

Umzekeliso ngesibane
(Marko 4:21-25)

[16]“Akukho bani uthi, esilumekile isibane, asigqume ngesitya, okanye asifake ngaphantsi kwebhedi. Usixhoma endaweni yaso, ukuze abangenayo bakhanyiselwe.

[17]Kaloku akukho nto ifihlakeleyo ingayi kude ityhilwe; kananjalo akukho nto ifihliweyo ingayi kude ivele, yaziwe.

[18]“Ze nive kakuhle ke; kuba lowo unolutho uya kunikwa, athi lowo ungenanto ahluthwe kwanaloo nto aba unayo.”

Ezona zizalwana zikaYesu
(Mat 12:46-50; Marko 3:31-35)

[19]Ke kaloku abantakwabo nonina kaYesu bafika, kodwa àbaba nako ukufikelela kuye ngenxa yesihlwele.

[20]Waxelelwa ke kusithiwa: “Nanku unyoko nabantakwenu ngaphandle, befuna ukukubona.”

[21]Waphendula yena wathi kubo: “Umama nabantakwethu ngâbo bathi bakuliva ilizwi likaThixo balenze.”

UYesu uzolisa isaqhwithi
(Mat 8:23-27; Marko 4:35-41)

[22]Kwathi ngamhla uthile uYesu waya kukhwela esikhitshaneni kuLwandle lwaseGalili. Babekho nabafundi bakhe,

discípulos: “Passemos para a outra margem do lago”, e partiram.

23 Enquanto navegavam, Ele adormeceu. E abateu-se sobre o lago uma grande tempestade com fortes ventos, de modo que o barco estava sendo inundado, e eles corriam o risco de naufragar.

24 Então os discípulos correram para acordá-lo, exclamando: “Mestre! Mestre, estamos a ponto de morrer!” Ele se levantou e repreendeu a tempestade e a violência das águas. Tudo então se acalmou e houve perfeita paz.

25 Jesus, no entanto, dirigiu-se aos seus discípulos e indagou: “Onde está a vossa fé?” Mas eles, amedrontados e maravilhados, interrogavam uns aos outros: “Quem é este que até aos ventos e às ondas dá ordens, e eles lhe obedecem?”

O endemoninhado gadareno

26 Zarparam então, para a região dos gerasenos, que se localiza do outro lado do lago, na fronteira da Galiléia.

27 Assim que Jesus desembarcou, foi ao encontro dele um homem daquela cidade, possesso de demônio que, fazia muito tempo, não usava roupas, nem habitava em casa alguma, mas vivia nos sepulcros.

28 Ao contemplar Jesus, berrou, prostrou-se aos seus pés e exclamou com voz forte: “Que desejas comigo, Jesus, Filho do Deus Altíssimo? Imploro a Ti, não me castigues!”

29 Porquanto Jesus ordenara ao espírito imundo que abandonasse o corpo daquele homem. Diversas vezes o demônio havia se apoderado dele. Mesmo com os pés e as

waza wathi kubo: “Masiwele siye ngaphesheya.” Banduluka ke.

23Ekuhambeni kwabo uYesu walala ubuthongo. Kwavuka isaqhwithi elwandle, isikhitshana sazala ngamanzi, baba sengozini.

24Baza abafundi bamvusa uYesu, besithi: “Mhlekazi, safa!” Wavuka ke uYesu, wawukhalimela umoya namaza alatyuzayo. Wadamba umoya, amaza ayeka ukulatyuza, kwabakho ukuzola.

25Waza wathi kubo: “Luphi na ukholo lwenu?” Bona ke babesoyika, bemangalisiwe, besithi omnye komnye: “He bethu, ngumntu onjani lo ude alulanyelwe ngumoya nangamanzi!”

Ukuphiliswa komGergesa oneendimoni

(Mat 8:28-34; Marko 5:1-20)

26Ke kaloku bahamba ngesikhitshana, baya ezweni lamaGergesa, elikhangelene nelaseGalili.

27Kwathi uYesu akuphumela emhlabeni, wahlangatyezwa yindoda ethile yaloo dolophu, eyayiphethwe ziindimoni. Yayinexesha elide ihamba ze, ingahlali ndlwini, ihlala emangcwabeni.

28Ithe ke, yakumbona uYesu, yakhala, yawa phambi kwakhe, isithi ngezwi elikhulu: “Ufuna ntoni kum, Yesu, Nyana kaThixo uPhezukonke? Ndiyakubongoza ukuba ungandithuthumbisi.”

29Yatsho kuba uYesu wayeyikhalimele indimoni ukuba iphume kuyo, kuba kwakukaninzi le ndimoni iyihlasela, ize ke igcinwe ngokubotshwa ngamatyathanga

mãos acorrentados, e vigiado por guardas, arrebentava as cadeias e os grilhões, e era impelido pelo demônio para lugares desolados.

30 Jesus lhe inquiriu: “Qual é o teu nome?” Ao que ele replicou: “Legião!”, pois eram muitos os demônios que tinham invadido aquele homem.

31 E suplicavam a Jesus que não os mandasse para o Abismo.

32 Entrementes, uma grande manada de porcos estava pastando naquela colina. Os demônios imploraram que Jesus lhes permitisse entrar nos porcos. E Jesus consentiu.

33 Então, saindo do homem, os demônios invadiram os porcos, e a manada jogou-se precipício abaixo em direção ao grande lago e todos os porcos se afogaram.

34 Ao observar tudo o que acontecera, as pessoas responsáveis pelo cuidado dos porcos fugiram e foram contar esses fatos na cidade e pelos campos.

35 E ocorreu que o povo saiu para ver o que tinha sucedido. Quando se aproximaram de Jesus, viram aquele homem de quem os demônios haviam saído, assentado aos pés de Jesus, vestido e em perfeito juízo, e todos ficaram apavorados.

36 As pessoas que haviam testemunhado todos os fatos, contaram também como fora liberto aquele homem dos muitos demônios que o haviam tomado.

37 Então, todo o povo da região dos gerasenos rogou a Jesus para que se retirasse de suas terras, pois estavam aterrorizados.

nangamakhamandela, kanti yayisuka iziqhawule izibophelelo, isiwe entlango yindimoni leyo.

30UYesu ke wayibuza esithi: “Ungubani wena igama lakho?” Yathi yona: “NdinguMkhosi,” kuba yayingenwe ziindimoni ezininzi.

31Iindimoni ezi zazimbongoza uYesu ukuba angazigxotheli enzonzobileni.

32Kwakukho umhlambi omkhulu weehagu usidla apho entabeni, zaza zambongoza ukuba azivumele ziye kungena kuwo. Wazivumela.

33Zaphuma ke iindimoni endodeni leyo, zangena ezihagwini, waza umhlambi lowo waphaphatheka, wehla ethambekeni, waya kweyela elwandle, warhaxwa.

34Bakukubona okwenzekileyo, abo babezalusa ezi hagu babaleka, baya kukuxela edolophini nasemaphandleni okuhlileyo.

35Baphuma ke abantu, baya kuyibona loo nto yenzekileyo. Bafika kuYesu, bayifumana loo ndoda wayekhuphe kuyo iindimoni ihleli phantsi ngakuYesu, inxibile, inengqondo; baza ke boyika.

36Abo babekubonile okwenzekileyo babaxelela ngendlela yokuphiliswa kwendoda eyayiphethwe ziindimoni.

37Yaza yonke loo nkitha yommandla wamaGergesa yambongoza uYesu ukuba emke khona, kuba babesoyika kakhulu.

UYesu ke waya kungena esikhitshaneni, wemka.

38 Contudo, o homem de quem haviam sido expulsos os demônios, implorava-lhe que o deixasse ir com Ele; mas Jesus despediu-se, recomendando-lhe:

38Ke kaloku indoda leyo zazikhutshwe kuyo iindimoni yayimbongoza uYesu, ifuna ukuhamba naye, kodwa uYesu wayindulula, esithi:

39 "Volta para tua casa e compartilha tudo quanto Deus fez por ti!" E assim o homem partiu, e anunciou na cidade inteira todas as obras que Jesus havia realizado em sua vida.

39"Goduka, uyibalise into oyenzelwe nguThixo." Yemka ke, yahamba iyibalisa kuyo yonke idolophu loo nto iyenzelwe nguYesu.

A filha de Jairo. A mulher que tinha um fluxo de sangue

Ukuphiliswa kwentombi kaJayiro nomfazi owachukumisa uYesu

(Mat 9:18-26; Marko 5:21-43)

40 Assim que Jesus regressou, a multidão o recebeu com grande júbilo, pois todos o estavam aguardando com ansiedade.

40Kwathi akubuya uYesu, izihlwele zamamkela, kuba bonke babemlindile.

41 Eis que se aproximou de Jesus um homem chamado Jairo, que era dirigente da sinagoga local, e, prostrando-se aos pés de Jesus, lhe implorou que fosse até a sua casa.

41Kwabonakala kusiza indoda egama linguJayiro, eyayiligosa lendlu yesikhungo. Yona yazikhahlela phantsi ngasezinyaweni zikaYesu, yambongoza ukuba eze endlwini yayo,

42 Pois tinha uma filha única com cerca de doze anos, que estava à beira da morte. E, enquanto Ele caminhava, as multidões o comprimiam.

42kuba yayigulelwa yintombi yayo iqhawuka. Le yayikukuphela kwentombi yayo, iminyaka ngathi ilishumi elinambini izelwe. Ke kaloku ekuyeni kukaYesu apho, izihlwele zazimxinile.

43 Nas proximidades estava certa mulher que, havia doze anos, vinha sofrendo de hemorragia e já tinha gasto tudo o que podia com os médicos, mas ninguém fora capaz de curá-la.

43Ke umfazi owayehlamba engaphezi iminyaka elishumi elinambini, engenakuphiliswa bani,

44 Ela conseguiu se aproximar de Jesus, por trás, e tocou na borda de seu manto, quando no mesmo instante se lhe cessou completamente a hemorragia.

44usondele ngasemva, wachukumisa umqukumbelo wesambatho sakhe, lanqamka kwangoko igazi.

45 Ao que Jesus indagou: "Quem tocou em mim?" Como todos negassem, Pedro pondera: "Mestre, a multidão se aglomera e

45UYesu wathi: "Ngubani lo undichukumisileyo?" Bakungazi ke bonke,

te espreme. E, ainda assim, desejas saber quem te tocou?

46 Contudo, Jesus insistiu: “Certamente alguém me tocou, pois senti que de mim emanou poder!”

47 Então a mulher, compreendendo que não haveria de passar despercebida, aproximou-se tremendo e prostrou-se aos pés de Jesus. E, diante de todo o povo, declarou o motivo pelo qual o tocara daquela maneira, e como naquele mesmo momento fora totalmente curada.

48 Ao que Jesus lhe afirmou: “Filha! A tua fé te curou; vai-te em perfeita paz”.

49 Falava Ele ainda, quando chegou uma pessoa da casa do dirigente da sinagoga, informando: “Tua filha já está morta. Não adianta mais incomodar o Mestre”.

50 Ao ouvir tais notícias, Jesus declarou a Jairo: “Não temas, tão-somente crê, e ela será salva!”

51 Assim que chegou à casa de Jairo, não permitiu que ninguém entrasse com Ele, a não ser Pedro, João, Tiago, bem como, o pai e a mãe da menina.

52 Enquanto isso, grande comoção atingiu a multidão, e todos choravam e se lamentavam por ela. Diante disto Jesus os encorajou: “Não pranteeis! Ela não está morta, mas dorme”.

53 E muitos zombavam dele, pois tinham certeza de que ela estava morta.

54 Entretanto, Ele a tomou pela mão e, em voz alta, lhe ordenou: “Menina, levanta-te!”

55 Imediatamente o espírito dela retornou, e no mesmo momento ela se levantou, e Ele mandou que lhe dessem algo para comer.

uPetros wathi: “Mhlekazi, isihlwele sikungqongile, sikuxinile.”

46Kodwa uYesu wathi: “Ukho ondichukumisileyo, kuba ndiyaqonda ukuba akho amandla aphumileyo kum.”

47Uthe ke umfazi lowo, ebona ukuba ubhaqiwe, weza engcangcazela, wazikhahlela phambi kwakhe, waxela phambi kwabo bonke abantu ukuba umchukumisele ntoni na, ekuxela nokuphiliswa kwakhe ngesikhawu.

48UYesu ke uthe kuye: “Ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile; hamba ngoxolo!”

49Kwathi uYesu esathetha, kwafika mntu uthile, evela emzini wegosa lendlu yesikhungo, wathi kulo: “Intombi yakho ayisekho. Sukuba samkhathaza uMfundisi.”

50Eyivile ke le nto uYesu, uphendule wathi: “Sukoyika; kholwa nje wena. Yophiliswa.”

51UYesu ke, efikile endlwini, akavumelanga mntu ukuba angene kunye naye, ngaphandle koPetros noYohane noYakobi noyise nonina wentombi leyo.

52Babelila bonke, besenza isijwili; waza wathi: “Sanukulila! Ayifanga; ilele nje le ntombazana.”

53Basuka bamwa ngentsini, besazi ukuba ibhubhile.

54Ke yena wayibamba ngesandla, wayibiza esithi: “Ntombazana, vuka!”

55Wabuya umoya wayo, yaphakama kwangoko; waza wayalela ukuba inikwe ukutya.

[56] Os pais da menina ficaram maravilhados, contudo Jesus lhes ordenou que não contassem a ninguém o que se passara ali.

[56]Bamangaliseka abazali bayo, waza wabayala ukuba bangayixeleli mntu loo nto yenzekileyo.

Lucas 9

ULuka 9

A missão dos doze

Ukuthunywa kwabafundi abalishumi elinambini

(Mat 10:5-15; Marko 6:7-13)

[1] Havendo Jesus convocado os Doze, concedeu-lhes poder e completa autoridade para expulsar todos os demônios, assim como para realizarem curas.

[1]Ke kaloku uYesu ubabizele ndawonye abafundi bakhe abalishumi elinambini, wabanika amandla negunya lokoyisa zonke iindimoni, nokuphilisa izifo.

[2] Igualmente os enviou para proclamar o Reino de Deus e curar os doentes.

[2]Wabathuma ukuba bashumayele bavakalise ulawulo lukaThixo, baphilise nemilwelwe.

[19] Então, Jesus declarou-lhe: “Levanta-te e vai! A tua fé te salvou”.

A vinda súbita do Reino de Deus

[20] Certa vez, interrogado pelos fariseus sobre quando se daria a vinda do Reino de Deus, Jesus lhes explicou: “Não vem o Reino de Deus com visível aparência.

[21] Nem haverá anúncios: ‘Ei-lo aqui!’ Ou: ‘Lá está!’. Pois o Reino de Deus já está entre vós!”

[22] Depois declarou aos discípulos: “Chegará o tempo em que desejareis ver um dos dias do Filho do homem, mas não o vereis.

[23] E vos dirão: ‘Ei-lo aqui!’ Ou: ‘Lá está Ele!’. Não vades, tampouco os sigais!

[24] Porquanto, a chegada do Filho do homem, no seu Dia, será como o relâmpago cujo esplendor da luz vai de uma à outra extremidade do céu.

[14]Ewabonile, wathi kuwo: “Hambani niye kuzibonakalisa kubabingeleli.” Kwathi ke ekuyeni kwawo ahlanjululwa.

[15]Yathi enye kuwo, yakubona ukuba iphilisiwe, yabuya imncoma kakhulu uThixo;

[16]yaza yaziphosa ezinyaweni zikaYesu, ibulela kuye. Le ndoda yayingumSamariya.

[17]Waza ke uYesu wathi: “Bekungahlanjululwanga balishumi na? Baphi na ke abalithoba?

[18]Kutheni ke ukuba ibe ngulo wolunye uhlanga yedwa othe wabuya esiza kubulela uThixo?”

[19]Wathi kwindoda leyo: “Phakama, uhambe; ukholo lwakho lukuphilisile.”

Ukuthwasa kolawulo olutsha lukaThixo

(Mat 24:23-28,37-41)

[20]Ke kaloku uYesu akubuzwa ngabaFarasi ukuba ukulawula kukaThixo kuya kuqala nini na, uphendule wathi: “Ulawulo lukaThixo alubonakali ukuthwasa kwalo.

[21]Kananjalo akuyi kuthiwa: ‘Nalu apha! Naluya phaya!’ Kuba kaloku ulawulo lukaThixo seluthwasile. ”

[22]Ke wathi kubo abafundi: “Kuya kufika imihla eniya kunqwenela ngayo ukubona nokuba mnye umhla wakhe uNyana woLuntu ningawuboni.

[23]Baya kuthi kuni: ‘Nankuya phaya! Nanku apha!’ Ze ningayi ke, ningabalandeli nokubalandela;

[24]kuba kwanjengokuba umbane usithi menye ucanda isibhakabhaka, woba njalo ngomhla wakhe uNyana woLuntu.

[25] Antes, porém, se faz necessário que Ele sofra muito e seja rejeitado por esta geração.

[26] Pois, assim como aconteceu nos dias de Noé, também será nos dias do Filho do homem.

[27] As pessoas viviam comendo, bebendo, unindo-se em matrimônio e sendo prometidas em casamento, até o dia em que Noé entrou na arca. Então sobreveio o dilúvio e os destruiu a todos.

[28] Da mesma forma ocorreu nos dias de Ló. O povo dedicava-se a comer e beber, comprar e vender, plantar e construir.

[29] Todavia, no dia em que Ló abandonou Sodoma, choveu fogo e enxofre do céu e destruiu a todos.

[30] E, acontecerá exatamente assim, no Dia em que o Filho do homem for revelado.

[31] Portanto, naquele Dia, quem estiver sobre a laje, não desça para recolher os bens que estiverem dentro de casa. Semelhantemente, quem estiver no campo, não deve retornar por motivo algum.

[32] Lembrai-vos da esposa de Ló!

[33] Quem tentar preservar sua vida perde-la-á; mas quem perder a sua vida na realidade a manterá.

[34] Eu vos asseguro que, naquela noite, duas pessoas estarão numa cama; uma será levada e a outra deixada.

[35] Duas mulheres estarão no campo; uma será tirada, e a outra deixada'.

[36] Dois trabalhadores estarão no campo; um será tomado, e o outro, deixado".

[37] Diante disso, lhe indagaram: "Onde se dará tudo isso, Senhor?" Advertiu-lhes o

[25]Kodwa kuqala uNyana woLuntu umelwe kukuva ubunzima obukhulu, alahlwe sesi sizukulwana.

[26]Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa, koba kwanjalo ngemihla yakhe uNyana woLuntu.

[27]Babesidla, besela, bezeka, besendisa, kwada kwangumhla wokungena kukaNowa enqanaweni; wafika unogumbe, wabatshabalalisa bonke.

[28]Kwaba kwanjalo nangemihla kaLothe. Babesidla, besela, bethenga, bethengisa, betyala, besakha;

[29]kodwa ngemini awaphuma ngayo uLothe eSodom, kwawa umlilo nesalfure ezulwini, batshatyalaliswa bonke.

[30]Kuya kuba njalo kanye ngemini yokubonakala kwakhe uNyana woLuntu.

[31]"Ngaloo mhla makangathi ophezu kwendlu ehle aye kuzithatha iimpahla zakhe ezisendlwini. Kwangokunjalo nosemasimini makangabuyeli kokushiyekileyo.

[32]Khumbulani ngomka-Lothe!

[33]Umntu ofuna ukusindisa ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; nothe wabulahla, uya kubulondoloza.

[34]Inene ngobo busuku kothi abantu bebabini belele ndawonye, omnye athathwe, omnye ashiywe.

[35]Abafazi ababini bothi besila ndawonye, omnye athathwe, omnye ashiywe.

[[36]Amadoda amabini othi esentsimini, enye ithathwe, enye ishiywe.]"

[37]Ke abafundi baphendula bathi kuYesu: "Phi na, Nkosi?" Yaza ke yathi kubo: "Apho

Senhor: “Onde houver um cadáver, ali se ajuntarão os abutres!”

sikhoyo isidumbu kulapho aya kuhlanganisana khona amaxhalanga.”

Lucas 18

A parábola do juiz iníquo

[1] Então Jesus propôs uma parábola aos seus discípulos, com a intenção de adverti-los quanto ao dever de orar continuamente e jamais desanimar.

[2] E lhes contou: “Em certa cidade havia um juiz que não temia a Deus, tampouco era sensível às necessidades das pessoas.

[3] E havia, naquela mesma cidade, uma viúva que frequentemente se dirigia a ele, rogando-lhe: ‘Faze-me justiça na causa que pleiteio contra meu adversário!’.

[4] Ele, por algum tempo, não a quis atender; todavia, mais tarde considerou consigo mesmo: ‘É bem verdade que eu não temo a Deus, nem respeito à pessoa alguma;

[5] contudo, como esta viúva me importuna, farei justiça a ela, para não acontecer que, por fim, venha a me aborrecer ainda mais’”.

[6] Então, concluiu o Senhor: “Atentai à resposta do juiz da injustiça!

[7] Porventura Deus não fará plena justiça aos seus escolhidos, que a Ele clamam de dia e de noite, ainda que lhes pareça demorado em atendê-los?

[8] Eu vos asseguro: Ele vos fará sua justiça, e depressa. No entanto, quando o Filho do homem vier, encontrará fé em alguma parte da terra?”

A parábola do fariseu e do publicano

ULuka 18

Umzekeliso ngomhlolokazi nomgwebi ongenabulungisa

[1]UYesu wabenzela umzekeliso ukubakhuthaza ukuba bahlale bethandaza bengatyhafi,

[2]wathi: “Kwidolophu ethile kwakukho umgwebi owayengamoyiki uThixo, engahloneli mntu.

[3]Ke kuloo dolophu kwakukho mhlolokazi uthile ubemana esiza kuye athi: ‘Ndikhulule kummangaleli wam.’

[4]Kwaba mzuzu engavumi, kodwa kamva waqiqa esithi: ‘Nakuba ndingamoyiki uThixo, ndingahloneli namntu,

[5]noko, ngenxa yokuba lo mhlolokazi endikhathaza, ndomgwebela ndimkhulule, hleze ndide ndikruquke nguye.’ ”

[6]Yaqhuba ke iNkosi yathi: “Kuveni okuthethwa ngulo mgwebi ungenabulungisa.

[7]Ngaba yena uThixo akayi kubaphindezelela na abanyulwa bakhe abakhala kuye imini nobusuku? Akayi kukhawuleza na ukubanceda?

[8]Ngenene, uya kubaphindezelela kamsinya. Kodwa ke, akufika yena uNyana woLuntu, ngaba wolufumana na ukholo ehlabathini apha?”

Umzekeliso ngomFarasi nomqokeleli-rhafu

[9] Para algumas pessoas que confiavam em sua própria justiça e menosprezavam os outros, Jesus contou ainda esta parábola:

[10] "Dois homens subiram ao templo para orar; um era fariseu e o outro, publicano.

[11] O fariseu, em pé, orava em seu íntimo: 'Deus, eu te agradeço porque não sou como os outros homens: roubadores, corruptos, adúlteros; nem mesmo como este cobrador de impostos.

[12] Jejuo duas vezes por semana e dou o dízimo de tudo quanto ganho'.

[13] Entretanto, o publicano ficou à distância. Ele sequer ousava olhar para o céu, mas batendo no peito, confessava: 'Ó Deus, sê benevolente para comigo, pois sou pecador'.

[14] Eu vos asseguro que este homem, e não o outro, foi para sua casa justificado diante de Deus. Porquanto todo aquele que se vangloriar será desprezado, mas o que se humilhar será exaltado!"

Jesus abençoa as crianças

[15] O povo trazia-lhe também as crianças, para que as abençoasse. Mas assim que os discípulos notaram isso, repreenderam aqueles que as haviam trazido.

[16] Jesus, porém, chamando as crianças para junto de si, ordenou: "Deixai vir a mim os pequeninos e não os impeçais; pois o Reino de Deus pertence aos que são semelhantes a eles.

[17] Eu vos asseguro com toda certeza: Quem não receber o Reino de Deus como uma criança, de maneira alguma entrará nele!"

O jovem rico

[9]Ke kaloku uYesu uthethe lo mzekeliso kwabathile, ababekholose ngokuzicingela ukuba bangamalungisa, bebadelile abanye:

[10]"Amadoda amabini enyuka aya endlwini kaThixo, esiya kuthandaza. Enye yayingumFarasi, enye ingumqokeleli-rhafu.

[11]"Ke yena umFarasi wayemi ethandaza esithi: 'Thixo, ndiyabulela kuba ndingènjengabanye abantu, abaphangi, izikhohlakali, abakrexezi, ndingènjengaye nalo mqokeleli-rhafu.

[12]Ndizila ukutya kabini ngeveki. Ndinikela ngesishumi sako konke endikuzuzayo.'

[13]"Ke yena umqokeleli-rhafu wayemi qelele, engathandi nokuwaphakamisela ezulwini amehlo akhe. Wayemana eziphothula izandla, esithi: 'Thixo, yiba netarhu kum, mna moni.'

[14]Inene, wagoduka umqokeleli-rhafu lowo elilungisa kuThixo kunomFarasi lowo; kuba kaloku wonke umntu oziphakamisayo uya kuthotywa, nozithobayo uya kuphakanyiswa."

UYesu usikelela abantwana

(Mat 19:13-15; Marko 10:13-16)

[15]Abantu babesiza neentsana zabo kuYesu ukuze azibeke izandla. Beyibonile loo nto, abafundi babakhalimela.

[16]Ke yena uYesu wazibizela kuye iintsana, esithi: "Bayekeni abantwana beze kum, ningabanqandi, kuba ábalawulwa nguThixo ngabanjengabo.

[17]Ndithi kuni, inene, othe akakuthobela njengomntwana ukulawulwa nguThixo, soze abuve ubuncwane bolo lawulo."

Umfana osisityebi

18 Certo líder judeu indagou-lhe: "Bom Mestre, que farei para herdar a vida eterna?"

19 Questionou-lhe Jesus: "Por que me chamas bom? Ninguém é bom, senão um, que é Deus!

20 Tu sabes os mandamentos: 'Não adulterarás, não matarás, não furtarás, não dirás falso testemunho, honra a teu pai e a tua mãe'".

21 Replicou-lhe o jovem: "A tudo isso tenho obedecido desde a minha adolescência!"

22 Ao ouvir isto, exortou-lhe Jesus: "Contudo, algo ainda te falta! Vende tudo o que tens, reparte o dinheiro entre os pobres e ganharás um tesouro nos céus. Depois, vem e segue-me".

23 Ao ouvir estas orientações, o jovem entristeceu-se muito, pois era riquíssimo.

24 Jesus, observando o semblante abatido daquele homem, exclamou: "Quão dificilmente entrarão no Reino de Deus os que possuem muitas riquezas!

25 Certamente, é mais fácil passar um camelo pelo fundo de uma agulha do que entrar um rico no Reino de Deus".

26 E os que ouviram essas palavras questionaram: "Se é dessa maneira, quem poderá se salvar?"

27 Jesus lhes asseverou: "Tudo o que é impossível aos seres humanos é possível para Deus!"

(Mat 19:16-30; Marko 10:17-31)

18Umphathi othile wabuza kuYesu esithi: "Mfundisi olungileyo, ndingenza ntoni na ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunaphakade?"

19UYesu wathi kuye: "Kutheni usithi ndilungile nje? Akukho mntu ulungileyo. Mnye kuphela olungileyo: nguThixo.

20Uyayazi imithetho ethi uze ungakrexezi; uze ungabulali; uze ungebi; uze ungangqini ubuxoki; beka uyihlo nonyoko. "

21Ke yena wathi: "Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam."

22Ekuvile oko uYesu, wathi kuye: "Kusekho into enye oyisweleyo: zithengise zonke izinto onazo, wabele amahlwempu imali leyo; woba nobutyebi ezulwini; uze kum, ube ngumlandeli wam."

23Ezivile ezo ndawo, wadana, kuba wayesisinhanha.

24UYesu, ekubona ukudana kwakhe, wathi: "Hayi ubunzima bokuba izityebi zikuxhamle ukulawulwa nguThixo.

25Kungâlula ukuba inkamela iphumele entunjeni yenaliti, kunokuba isityebi sixhamle ubuncwane bokulawulwa nguThixo. "

26Abo bevayo ke bathi: "Ngubani ke onokusindiswa?"

27Waza uYesu wathi: "Oko aba umntu akunakwenzeka, kunokwenziwa nguThixo."

[28] Ao que Pedro se manifestou: “Eis que nós deixamos nossa família e bens para te seguirmos!”

[29] Então Jesus lhes afirmou: “Com toda a certeza Eu vos asseguro: Ninguém há que tenha deixado casa, esposa, irmãos, pai ou filhos por causa do Reino de Deus,

[30] que não receba, no tempo presente, muitas vezes mais, e, na era futura, a vida eterna!”

Jesus anuncia a sua paixão

[31] E Jesus, chamando à parte os Doze, lhes revelou: “Eis que estamos subindo para Jerusalém, e tudo o que está escrito pelos profetas sobre o Filho do homem se cumprirá.

[32] Ele será entregue aos gentios que zombarão dele, o insultarão, cuspirão nele, e depois de muito açoitá-lo, o matarão.

[33] Contudo, no terceiro dia Ele ressuscitará!”

[34] Os discípulos não compreenderam nada do que fora dito. O significado dessas palavras ainda lhes estava oculto, e, portanto, não podiam entender do que Ele estava falando.

O cego de Jericó

[35] Aconteceu que, ao aproximar-se Jesus de Jericó, estava um homem cego sentado à beira do caminho, suplicando por esmolas.

[36] Assim que ouviu a multidão passando, ele perguntou do que se tratava aquilo.

[37] E informaram-lhe: “É Jesus de Nazaré que vem passando!”

[28]Ke uPetros wathi: “Khangela, thina sishiye zonke izinto sakulandela.”

[29]Waza uYesu wathi kubo: “Ndithi kuni, inene, akukho namnye ushiye indlu, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantakwabo, nokuba ngabazali, nokuba ngabantwana, ngenxa yokufuna ukulawulwa nguThixo,

[30]ongayi kuthi ngoku ngalo eli xesha amkele ngokuphinda-phindiweyo, aze kwiphakade elizayo amkele ubomi obungunaphakade.”

UYesu uthetha okwesithathu ngokufa nokuvuka kwakhe

(Mat 20:17-19; Marko 10:32-34)

[31]Ke uYesu wabathatha abafundi abalishumi elinambini, wathi kubo: “Ngoku ke siyemka, siya eJerusalem. Ke zonke izinto abazibhalayo abashumayeli ngaye uNyana woLuntu, ziya kuzaliseka.

[32]UNyana woLuntu uya kunikelwa kwabasemzini, kudlalwe ngaye, aphathwe kakubi, atshicelwe.

[33]Baya kumkatsa, bambulale; aze athi ngomhla wesithathu abuye avuke.”

[34]Ke bona abafundi abaqondanga nento le kwezi zinto. Intsingiselo yala mazwi yayifihlakele kubo, bengazazi ezi zinto azithethayo.

UYesu uphilisa imfama yaseJeriko

(Mat 20:29-34; Marko 10:46-52)

[35]Kwathi, ekusondeleni kukaYesu eJeriko, kwabakho mfama ithile, ihleli ngasendleleni ingqiba.

[36]Yakuva kudlula isihlwele, yabuza ukuba ngaba yintoni na le.

[37]Bayixelela bathi: “Kudlula uYesu waseNazarete.”

[38] Então, o cego se pôs a exclamar: “Jesus! Filho de Davi, tem misericórdia de mim!”
[39] Os que caminhavam à frente o repreenderam para que se calasse; entretanto, o homem gritava cada vez mais alto: “Filho de Davi, tem misericórdia de mim!”
[40] Foi então que Jesus parou e ordenou que aquele homem fosse trazido à sua presença. E, tendo ele chegado bem próximo, Jesus perguntou-lhe:
[41] “Que queres que Eu te faça?” Ao que lhe respondeu o homem: “Senhor, eu quero voltar a enxergar!”
[42] Então Jesus lhe determinou: “Recupera a visão! A tua fé te curou”.
[43] Naquele mesmo instante, o homem recuperou a capacidade de ver e passou a seguir a Jesus, glorificando a Deus. Quando toda a multidão observou o que aconteceu, da mesma forma rendia louvores ao Senhor.

[38]Yaza yabhomboloza isithi: “Yesu, Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

[39]Abo babehamba ngaphambili bayikhalimela ukuba ithi tu, kodwa kwaba kukhona yona ikhwazayo ngakumbi, isithi: “Nyana kaDavide, ndenzele inceba!”

[40]Wema uYesu, wathi imfama leyo mayiziswe kuye. Yakusondela ke wayibuza esithi:

[41]“Ufuna ukuba ndikwenzele ntoni na?” Yathi imfama kuye: “Nkosi yam, ndicela ukuba ndibuye ndibone.”

[42]Wathi kuyo uYesu: “Kulungile ke, bona! Ukholo lwakho lukuphilisile.”

[43]Yabuya yabona kwangoko, yamlandela uYesu, ibulela uThixo. Bonke abantu, bakukubona oko, bamdumisa uThixo.

Lucas 19

Zaqueu, o publicano

[1] Chegando a Jericó, atravessava Jesus a cidade.

[2] Eis que um homem rico, chamado Zaqueu, chefe dos publicanos,

[3] buscava ver quem era Jesus; todavia, sendo ele de pequena estatura, não o conseguia, devido à afluência do povo.
[4] Por esse motivo, correu adiante da multidão e subiu em uma figueira brava para observá-lo, pois Jesus ia passar por ali.
[5] Quando Jesus chegou àquele local, olhou para cima e o chamou: “Zaqueu! Desce

ULuka 19

UYesu noZakeyi

[1]UYesu wangena eJeriko, egqitha khona.

[2]Ke kaloku kwakukho ndoda ibizwa ngokuba nguZakeyi, eyayiyintloko yabaqokeleli-rhafu, isisityebi.

[3]Yayifuna ukubona uYesu, kodwa ngenxa yokusithwa yindimbane ayaba nako, kuba yayimfutshane ngesithomo.

[4]Yabaleka ke, yaya ngaphambili, yakhwela emthini womthombe ukuze imbone, kuba wayeza kudlula apho.

[5]Akufika kuloo ndawo, wakhangela phezulu uYesu, wathi kuyo: “Zakeyi, khawuleza

depressa, pois preciso ficar hoje em tua casa".

[6] No mesmo momento desceu Zaqueu apressado e o recebeu com enorme alegria.

[7] Todos, em meio à multidão, que presenciaram o que se passou começaram a murmurar: "Ele entrou na casa daquele pecador e vai hospedar-se lá!"

[8] Então, Zaqueu tomou a palavra e comunicou a Jesus: "Eis a metade dos meus bens Senhor, que estou doando aos pobres; e se de alguém extorqui alguma coisa, devolverei quatro vezes mais!"

[9] Diante disso, Jesus declarou: "Hoje, houve salvação nesta casa, pois este homem também é filho de Abraão.

[10] Porquanto o Filho do homem veio buscar e salvar o que estava perdido".

A parábola dos dez servos e das dez minas

[11] Estando eles a ouvi-lo, Jesus passou a expôr-lhes uma parábola, visto estar próximo de Jerusalém e o povo imaginar que o Reino de Deus ia se estabelecer ali a qualquer momento.

[12] E assim, contou-lhes Jesus: "Certo homem de nobre nascimento, partiu para uma terra longínqua, com o objetivo de ser coroado rei de um determinado reino e regressar.

[13] Convocou dez dos seus servos, a cada um confiou uma moeda de ouro e orientando a todos lhes disse: 'Fazei com que esse dinheiro produza lucro até que eu volte'.

[14] Entrementes, seus súditos o odiavam e por isso mandaram uma delegação atrás

uhle, kuba namhlanje ndimelwe kukuba lundwendwe lwakho."

[6]Wakhawuleza ke wehla uZakeyi, waza wamkela uYesu ngovuyo.

[7]Bakuyibona loo nto, bakhalaza bonke, besithi: "Uye kungena endlwini yomntu ongumoni."

[8]Waphakama uZakeyi, wathi kuyo iNkosi: "Khangela, isiqingatha sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu. Kanti nokuba ndidle nto kabani na ngobuqhetseba, ndimbuyisela kane."

[9]Ke uYesu wathi kuye: "Namhlanje lufikile usindiso kule ndlu, kuba noZakeyi lo ungunyana ka-Abraham.

[10]Kaloku yena uNyana woLuntu wezela ukufuna kwanokusindisa abantu abalahlekileyo."

Umzekeliso ngezicaka ezazigciniswe imali

(Mat 25:14-30)

[11]UYesu wabenzela umzekeliso abo babemva ethetha ezi zinto. Wayeselekufuphi neJerusalem; baye bona besiba ulawulo lukaThixo loba seluzinzile ngelo xesha.

[12]Ke wathi: "Inkosana ethile yahambela kwilizwe elikude, isiya kuthatha amagunya okulawula, iza kubuya ibuye.

[13]Izibizile ke izicaka zayo ezilishumi, yazinika imali engangekhulu leerandi sisinye, yathi kuzo: 'Rhwebani, ndide ndibuye.'

[14]Ke bona abemi belizwe laloo nkosana babeyithiyile, baza bathuma izigidimi emva

dele, protestando: “Não queremos que este venha a reinar sobre nós!”

[15] Contudo, ele tomou posse do reino e voltou. Então mandou chamar os servos a quem dera o dinheiro, a fim de verificar o quanto haviam lucrado.

[16] O primeiro chegou e relatou: ‘Senhor, a tua moeda de ouro rendeu dez vezes mais!’.

[17] Ao que o senhor o elogiou: ‘Muito bem, servo bom! E por teres sido leal no pouco, governarás sobre dez cidades’.

[18] Vindo o segundo servo, lhe declarou: ‘Senhor, a tua moeda de ouro produziu cinco vezes mais lucro!’.

[19] E a este determinou: ‘Terás autoridade sobre cinco cidades!’.

[20] Veio, então, o outro servo, explicando: ‘Eis aqui, Senhor, a tua moeda de ouro, que eu envolvi num lenço e conservei bem guardada!

[21] Tive receio de ti, porquanto és um homem muito severo. Tira o que não puseste e colhes o que não semeaste!’.

[22] Então o senhor o julgou: ‘Por tuas próprias palavras eu o condenarei, servo mau! Sabias que eu sou homem rigoroso, que tiro o que não depositei e ceifo o que não semeei.

[23] Sendo assim, por que não investiu o meu dinheiro no banco? E, então, no meu retorno, o receberia com juros’.

[24] Em seguida, dirigindo-se aos que estavam presentes, ordenou: ‘Tirai-lhe a moeda de ouro e entregai-a ao que tem dez!’.

kwayo, besithi: ‘Asifuni ukuba lo abe ngukumkani wethu.’

[15]“Yakuba ke ibekiwe yangukumkani inkosana le, ibuyile, yaza yathi mazibizelwe kuyo ezo zicaka yayizinike imali leyo, ukuze ive kuzo ngazinye ukuba zingenise ntoni na ngokurhweba.

[16]Seza ke esokuqala, sathi: ‘Nkosi, ikhulu lakho lizele ishumi lamakhulu.’

[17]Yathi kuso: ‘Hee ke, sicakandini esilungileyo! Ngenxa yokuba ubuthembekile kokuncinane, ndikunika igunya kwiidolophu ezilishumi.’

[18]Seza nesesibini, sathi: ‘Nkosi, ikhulu lakho lenze isihlanu samakhulu.’

[19]Yathi nakweso: ‘Wena ndikunika igunya kwiidolophu ezintlanu.’

[20]“Seza nesinye, sathi: ‘Nkosi, nali ikhulu lakho. Bendilithandele ngelaphu,

[21]kuba bendikoyika, ngokuba ungumntu ongqabalala; uthatha ongakubekanga, uvune ongakuhlwayelanga.’

[22]Yathi kuso: ‘Ndiza kukugweba ngokuphuma emlonyeni wakho, sicakandini esikhohlakeleyo. Ubusazi nje ukuba ndingumntu ongqabalala, othatha angakubekanga, avune angakuhlwayelanga;

[23]kutheni ke imali le yam ungayigcinisanga ebhankini, ze ke mna ekufikeni kwam ndiyifumane inenzala?’

[24]“Yathi kwababemi ngakhona: ‘Mhlutheni ikhulu elo, nilinike lowo uneshumi lamakhulu.’

[25] Eles argumentaram: 'Mas, senhor, ele já possui dez vezes mais do que recebeu!'.

[26] Ao que ele proclamou: 'Contudo, eu vos asseguro que a quem tem, mais será concedido, mas a quem não tem, até o que tiver lhe será tirado.

[27] E quanto àqueles, que se levantaram contra mim, como inimigos, rejeitando meu reinado sobre eles, trazei-os imediatamente aqui e executai-os diante de mim!'"

A entrada triunfal de Jesus em Jerusalém

[28] Após haver proferido essas palavras, Jesus seguiu adiante, subindo para Jerusalém.

[29] Quando iam chegando aos povoados de Betfagé e Betânia, que ficam próximos do conhecido monte das Oliveiras, enviou dois dos seus discípulos, com a seguinte instrução:

[30] "Ide ao povoado que está adiante e, ao entrardes, encontrareis um jumentinho amarrado, sobre o qual ninguém jamais montou. Desprendei-o e trazei-o aqui".

[31] Se alguém vos interrogar: 'Por qual motivo o soltais?' respondereis desta maneira: 'Porque o Senhor precisa dele".

[32] E assim, os que haviam sido enviados foram e acharam tudo conforme Ele lhes tinha dito.

[33] Quando eles estavam desamarrando o jumentinho, os seus donos lhes indagaram: "Por que estais soltando o jumentinho?"

[34] Diante do que replicaram: "Porque o Senhor precisa dele!"

[25]Ke bathi kuyo: 'Nkosi, uneshumi lamakhulu!'

[26]Yathi: 'Inene, wonke umntu onolutho uya kunikwa; ongenanto ke, uya kuhluthwa kwanaloo nto anayo.

[27]Ke zona ezo ntshaba zam zingafunanga ukuba ndibe ngukumkani wazo, ziziseni apha, nizibulale apha phambi kwam.' "

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki

(Mat 21:1-11; Marko 11:1-11; Yoh 12:12-19)

[28]Akuba ezithethile ezi zinto, uYesu wabandulela, wenyuka esiya eJerusalem.

[29]Kwathi, akusondela eBhetefage naseBhetani, engasentabeni ekuthiwa yeyemiNquma, wathuma ababini kubafundi bakhe,

[30]esithi kubo: "Hambani niye kule dolophana ikhangelene nathi. Nothi ningena nje kuyo, nifumane inkonyana yedonki ibotshelelwe, ekungazange kukhwele mntu kuyo. Yikhululeni, niyizise apha.

[31]Ukuba ubani uthe kuni: 'Niyikhululela ntoni loo donki?' ze nithi: 'Iyafunwa yiNkosi.' "

[32]Basuka ke baya abo babethunyiwe, bafika kunjengoko wayetshilo uYesu.

[33]Bakuyikhulula inkonyana, abaniniyo bathi kubo: "Niyikhululela ntoni loo nkonyana?"

[34]Bathi ke bona: "Iyafunwa yiNkosi."

[35] Então puderam trazê-lo até Jesus, colocaram os mantos de montaria sobre o jumentinho e ajudaram Jesus a montá-lo.

[36] E assim, enquanto Ele seguia em procissão, o povo estendia os seus mantos pelo caminho.

[37] Ao chegar próximo da descida do monte das Oliveiras, toda a multidão dos discípulos começou a louvar a Deus com grande alegria e em alta voz, por todos os milagres que haviam visto. E exclamavam:

[38] “Bendito é o rei que vem em Nome do Senhor! Paz no céu e glória nas maiores alturas!”

[39] Porém, alguns dos fariseus que estavam no meio da grande multidão sugeriram a Jesus: “Mestre! Repreende os teus discípulos!”

[40] Jesus, entretanto, lhes afirmou: “Eu vos asseguro, se eles se calarem, as próprias pedras clamarão!”

Jesus chora por Jerusalém

[41] Quando ia chegando, assim que viu a cidade, Jesus começou a chorar sobre ela,

[42] e proclamou: “Ah! Se tu compreendesses neste dia, sim, tu também, o que traz a paz! No entanto agora isto está encoberto aos teus olhos.

[43] Virão dias em que teus inimigos te cercarão de trincheiras e, por todos os lados, te ameaçarão, apertando o grande cerco contra ti.

[44] Também lançarão por terra, tu e os teus filhos que estão dentro de ti. Não deixarão em ti pedra sobre pedra, porque não reconheceste a maravilhosa oportunidade que tiveste com a visitação de Deus!”

A purificação do templo

[35]Bayisa ke kuYesu, bandlala iingubo zabo phezu kwayo inkonyana yedonki leyo, bamkhwelisa kuyo uYesu.

[36]Ehamba njalo, bamana bezandlala iingubo zabo endleleni.

[37]Ke kaloku akusondela ethambekeni leNtaba yemiNquma, yathi yonke inkitha yabafundi yavuya, yadumisa uThixo imemelela, imdumisa ngayo yonke imimangaliso eyayibonayo,

[38]isithi: “Makabongwe lo Kumkani uzayo egameni leNkosi! Uxolo ezulwini; udumo kweliphezulu!”

[39]Abathile kubaFarasi esihlweleni apho bathi kuYesu: “Mfundisi, bakhalimele abafundi bakho.”

[40]Waphendula wathi kubo: “Inene, kungáthi nje kukhe kwathi cwaka aba, kunkqangaze namatye la.”

UYesu ulilela iJerusalem

[41]Akusondela uYesu, esibona isixeko, wasililela

[42]esithi: “Akwaba nawe, Jerusalem, ubuzazi namhlanje izinto ezikuzisela uxolo! Kodwa ngoku zifihlakele kuwe!

[43]Kuya kufika imihla eziya kuthi iintshaba zakho zakhe udonga lokuzikhusela ekukuhlaseleni kwazo, zikungqinge, zikuxine macala onke.

[44]Ziya kukudiliza, zibatshabalalise abakuwe, zingashiyi nalinye ilitye phezu kwelitye, ngenxa yokuba ungalazanga ixesha lokuvelelwa kwakho nguThixo.”

UYesu uvala urhwebo endlwini kaThixo

[45] Mais tarde, entrando no templo, começou a expulsar os que ali estavam negociando,
[46] Repreendendo-os: “Está escrito! A minha Casa será Casa de oração. Porém vós a transformastes num covil de estelionatários!”
[47] Todos os dias, Jesus ensinava no templo. Entretanto, os chefes dos sacerdotes, os mestres da lei e os líderes do povo tramavam algo para destruí-lo.
[48] Contudo, não conseguiam encontrar um meio para executar seus planos, pois todo o povo estava absolutamente sob o domínio das suas palavras.

Lucas 20

O batismo de João

[1] E aconteceu que, num daqueles dias, enquanto Jesus estava ensinando e evangelizando o povo no templo, aproximaram-se dele os chefes dos sacerdotes, os mestres da lei e os líderes religiosos,
[2] e o questionaram nestes termos: “Dize-nos: com que autoridade procedes como tens feito? Ou melhor: quem te deu tal autoridade?”
[3] Replicou-lhes Jesus: “Da mesma forma Eu vos questionarei; dizei-me:
[4] o batismo de João tinha autorização do céu ou dos seres humanos?”
[5] Diante disso, eles discutiam entre si: “Se afirmarmos: Do céu, ele nos indagará: ‘Então, por qual motivo não acreditastes nele?’.

(Mat 21:12-17; Marko 11:15-19; Yoh 2:13-22)
[45]UYesu wangena endlwini kaThixo, waza wabakhupha abo babethengisa khona,
[46]esithi kubo: “ EziBhalweni uThixo uthi: ‘Indlu yam yindlu yokuthandaza.’ Ke nina niyenzé umqolomba wezihange. ”
[47]Imihla ngemihla wayefundisa endlwini kaThixo apho. Ke ababingeleli abaziintloko, nabachazi-mthetho, kwaneenkokheli zabantu, babefuna ukumbulala;
[48]kodwa ababanga nakufumana nto banokuyenza, kuba bonke abantu babenamathele kuye, bemphulaphula.

ULuka 20

Igunya likaYesu
(Mat 21:23-27; Marko 11:27-33)

[1]Kwathi ngenye imini, uYesu efundisa abantu endlwini kaThixo, eshumayela iindaba ezimnandi, kwafika kuye ababingeleli abaziintloko, nabachazi-mthetho, namadoda amakhulu.
[2]Bona bathetha naye besithi: “Khawutsho: ezi zinto uzenza ngagunya lini? Ingubani kakade okunike elo gunya?”
[3]Waphendula ke wathi kubo: “Nam ndiza kunibuza umbuzo ube mnye; ze nindiphendule ke.
[4]Ngaba ubhaptizo lukaYohane lwaluvela ezulwini, okanye lwaluvela ebantwini?”
[5]Baxoxa bodwa besithi: “Ukuba sithe: ‘Lwaluvela ezulwini,’ wothi: ‘Kwakutheni ke phofu ukuze ningakholwa?’

[6] Por outro lado, se respondermos: Dos seres humanos, todo o povo nos apedrejará, pois estão convictos de que João era profeta”.

[7] Por fim, alegaram que não sabiam.

[8] Então, Jesus lhes respondeu: “Pois nem Eu vos digo com que autoridade faço o que faço!”

A parábola dos lavradores maus

[9] Em seguida, passou Jesus a expor ao povo esta parábola: “Certo homem plantou uma vinha, arrendou-a para alguns vinicultores e saiu de viagem por longo tempo.

[10] Na época da colheita, ele enviou um servo aos vinicultores, para receber a sua parte nos lucros da vinha; no entanto, os vinicultores, depois de o espancarem, o mandaram embora de mãos vazias.

[11] Diante do ocorrido, enviou-lhes outro servo; mas eles, da mesma forma, a este esbofetearam e depois de o humilharem, o despediram sem nada.

[12] Mandou ainda um terceiro servo, todavia, a este também, muito feriram e expulsaram da vinha.

[13] Então, disse o proprietário da vinha: ‘Que farei? Enviarei o meu filho amado; é possível que a este respeitem mais’.

[14] Contudo, assim que os vinicultores o viram, tramaram entre si argumentando: ‘Este é o herdeiro! Ora, vamos matá-lo, e assim, a herança caberá a nós’.

[15] E, atirando o filho para fora da vinha, o assassinaram. E, agora? O que lhes fará o dono da vinha?

[6]Ukuba sithe: ‘Lwavela ebantwini,’ bonke abantu bosixuluba ngamatye, kuba babemvuma uYohane ukuba ungumshumayeli.”

[7]Baphendula ke ngokuthi àbazi ukuba lwaluvela phi na.

[8]Waza wathi kubo: “Nam ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya lini na ezi zinto.”

Umzekeliso ngesidiliya nabaqeshi baso

(Mat 21:33-46; Marko 12:1-12)

[9]Ke uYesu wabenzela umzekeliso abantu, wathi: “Umntu othile watyala isidiliya, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambela kwelinye ilizwe ixesha elide.

[10]Ngexesha lokuvuthwa kweziqhamo wathuma isicaka kwabo balimi, ukuze bamnike eziqhameni zesidiliya eso. Basuka bona abalimi basibetha eso sicaka, semka singaphathanga nto.

[11]Wabuya wathuma esinye isicaka kubo. Basibetha ke naso, badlala ngaso, naso semka singaphathanga nto.

[12]Wabuya wathuma nesesithathu. Bathi naso basingxwelerha, basigxotha.

[13]Wathi umnini-sidiliya: ‘Ndiya kuyithini na le nto? Mandithume unyana wam endimthandayo. Mhlawumbi bomhlonela yena.’

[14]Kodwa bakumbona abalimi, bathi omnye komnye: ‘Yindlalifa le. Masiyibulale, ilifa libe lelethu.’

[15]Bamkhuphela ngaphandle kwesidiliya ke unyana lowo, bambulala. “Uya kuthini ke ngoko umnini-sidiliya?

[16] Virá e destruirá aqueles vinicultores maus e dará a vinha a outros!” Quando o povo ouviu isso, exclamou: “Que tal coisa jamais ocorra!”

[17] Porém, Jesus olhou bem nos olhos de cada pessoa e indagou: “Então, qual é o significado do que está escrito: ‘A pedra que os construtores rejeitaram, esta veio a ser a principal pedra angular’?

[18] Todo o que bater contra esta pedra será despedaçado, e aquele sobre quem ela vier a cair será reduzido a pó!”

A questão do tributo

[19] E, naquele mesmo instante, os mestres da lei e os chefes dos sacerdotes tentavam de alguma maneira prender a Jesus, pois perceberam que fora contra eles que Ele havia exposto esta parábola. Contudo, temiam a reação do povo.

[20] Então, eles se dispuseram a vigiá-lo, e para tanto, subornaram espiões que se fingiram justos para apanhar Jesus em qualquer eventual deslize verbal e com isso poder entregá-lo à jurisdição e à autoridade do governador.

[21] E, por isso, os espiões lhe apresentaram a seguinte questão: “Mestre, sabemos que falas e ensinas o que é correto, e que não julgas pela aparência, mas ministras o caminho de Deus de acordo com a verdade.

[22] Pois bem. É certo pagar impostos a César ou não?”

[23] Jesus percebeu a astúcia deles e lhes ponderou:

[24] “Mostrai-me um denário. De quem é a imagem e a inscrição estampadas?”

[16]Wofika ababulale abo balimi, asinikele kubambi eso sidiliya.” Bakukuva oko, bathi: “Makungabi njalo!”

[17]Waza wabakhangela wathi: “Ithetha ntoni ke phofu le ndawo eziBhalweni ithi: “ ‘Ilitye abâlideláyo abakhi lilo elaba lelona libalulekileyo lesiseko’?

[18]“Bonke abathe bawa phezu kweli litye botyumka; ke bona elithe labawela bocoleka.”

Umbuzo ngerhafu

(Mat 22:15-22; Marko 12:13-17)

[19]Baza ke abachazi-mthetho nababingeleli abaziintloko bafuna ukumbamba kwangelo lixa, kodwa babesoyika abantu, kuba babesazi ukuba uwuthethe esingise kubo lo mzekeliso.

[20]Bamcupha ke, bathumela iintlola ezizenza amalungisa, ukuze bambambise ngamazwi, ze ke bamnikele kwirhuluneli, yona iphetheyo inawo onke amagunya.

[21]Iintlola ezi zambuza uYesu zisithi: “Mfundisi, siyazi ukuba wena uthetha ufundise okuyinyaniso, kuba akunamkhethe, koko uyifundisa ngenyaniso indlela kaThixo.

[22]Ngaba ke kuvumelekile na ukurhafa kuKhesare?”

[23]Eliqondile iyelenqe lazo, wathi kuzo:

[24]“Ndiboniseni imali. Ke, ngokabani na lo mfanekiso neli gama?” Zaphendula zathi: “NgokaKhesare.”

Imediatamente replicaram: “De César!” Ao que Ele lhes orientou:

25 “Dai, portanto, a César o que é de César e a Deus o que é de Deus!”

26 Não conseguiram apanhá-lo em palavra alguma perante a multidão. E assombrados com a sua resposta, ficaram em silêncio.

Os saduceus e a ressurreição

27 Alguns dos saduceus, que pregam que não há ressurreição, chegaram para Jesus com a seguinte questão:

28 “Mestre! Moisés nos legou por escrito que, se morrer o irmão de alguém, sendo aquele casado e não deixando filhos, seu irmão deve se casar com a viúva e gerar descendência ao falecido.

29 Pois bem! Havia sete irmãos. O primeiro casou-se e morreu sem deixar filhos.

30 O segundo e o terceiro, e mais tarde os demais, da mesma forma, casaram-se com ela;

31 e morreram os sete sucessivamente, sem deixar nenhum filho.

32 Finalmente faleceu também a mulher.

33 Na ressurreição, de quem ela será esposa, visto que os sete foram casados com ela?”

34 Então, Jesus lhes esclareceu: “Os filhos deste século casam-se e são dados em casamento;

35 todavia, os que forem julgados dignos de tomar parte no mundo vindouro e na ressurreição dos mortos não mais se casarão nem serão prometidos para matrimônio,

25Wathi yena kuzo: “Ke, nikani uKhesare okufanele uKhesare, ninike uThixo okufanele uThixo.”

26Zakhohlwa ukumbambisa ngamazwi phambi kwabantu, zaza zathi cwaka, zimangalisiwe yimpendulo yakhe.

Umbuzo ngovuko lwabafileyo

(Mat 22:23-33; Marko 12:18-27)

27Kweza abathile bakubaSadusi kuYesu (bona abo bathi akukho luvuko lwabafileyo), bambuza ke

28besithi: “Mfundisi, uMosis wasibhalela umthetho esithi: ‘Ukuba ubani uthe wafa, eshiya umfazi engekabi nabantwana, makathi umntakwabo amngene umfazi lowo, baze bamzalele abantwana umfi.’

29Ke kaloku kwakukho oonyana bomntu omnye abasixhenxe, yaza inkulu yazeka umfazi, yasweleka ingekabi nabantwana.

30Wathi ke owesibini wamngena, naye wasweleka engekabi nabantwana.

31Wenjenjalo nowesithathu. Bada baba naye bosixhenxe, kodwa abashiya mntwana.

32Emva kwabo bonke wasweleka naye umfazi.

33Ke ngoko eluvukweni lwabafileyo uya kuba ngumfazi wawuphi na kubo? Kuba kaloku bosixhenxe babemthathile.”

34Waphendula uYesu, wathi kubo: “Abantu beli phakade bayazeka, besendiswa;

35kodwa bona abo bafanelwe kukuvuka ekufeni, baphile kwiphakade elizayo, àbazeki, àbendiswa.

[36] e também não podem mais morrer, pois são como os anjos. São filhos de Deus, sendo igualmente filhos da ressurreição.

[37] Quanto aos mortos ressuscitarem, Moisés já o mostrou no relato da sarça, no momento em que ele se refere ao Senhor como 'Deus de Abraão, Deus de Isaque e Deus de Jacó'.

[38] Portanto, Deus não é Deus de mortos, mas sim de vivos, pois para Ele todos vivem".

[39] Então, alguns dos mestres da lei se manifestaram exclamando: "Mestre, falaste muito bem!"

[40] E a partir daquele momento, ninguém mais ousava lhe interrogar.

Cristo, o Filho de Davi

[41] Então Jesus lhes indagou: "Como podem afirmar que o Cristo é filho de Davi?

[42] Sendo que o próprio Davi declara no livro dos Salmos: 'O Senhor disse ao meu Senhor: Senta-te à minha direita,

[43] até que Eu ponha os teus inimigos como estrado para os teus pés'.

[44] Desta forma, portanto, Davi lhe chama 'Senhor'. Então como pode ser ele seu filho?"

Jesus censura os escribas

[45] E estando todo o povo a ouvi-lo, Jesus advertiu aos seus discípulos:

[46] "Tende cuidado com os mestres da lei. Pois eles fazem questão de andar com roupas especiais, e muito apreciam serem saudados nas praças, ocupar as cadeiras

[36]Bona abasenakufa, kuba bafana nezithunywa zezulu. Bona bangoonyana bakaThixo, kuba kaloku bavukile kwabafileyo.

[37]Ke yona into yokuba abafileyo bayavuka, noMosis uyayikhankanya kwisiqendu esithetha ngetyholo elivuthayo encwadini yakhe, apho abiza iNkosi ngokuthi inguThixo ka-Abraham, uThixo kaIsake, uThixo kaYakobi.

[38]AkaThixo wabafileyo ke; unguThixo wabaphilayo, kuba kuye bonke bayaphila."

[39]Baphendula ke abathile bakubachazi-mthetho, bathi: "Ngxatsho ke, Mfundisi; uthethe kakuhle!"

[40]Babengasenabuganga ke bakumbuza nento le.

UKrestu unyana kaDavide

(Mat 22:41-46; Marko 12:35-37)

[41]Ke uYesu wathi kubo: "Batsho ngani ke ukuthi: ' UKrestu ngunyana kaDavide'?

[42]Kanti noDavide ngokwakhe kwiNcwadi yeeNdumiso uthi: " 'Yathi iNkosi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga,

[43]lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.'

[44]"Ukuba uDavide ngokwakhe uthi uKrestu yiNkosi, angathini ke ukuba ngunyana wakhe?"

UYesu ulumkisa ngabachazi-mthetho

(Mat 23:1-36; Marko 12:38-40)

[45]Ke kaloku, besiva bonke abantu, uYesu wathi kubafundi bakhe:

[46]"Balumkeleni abachazi-mthetho, abathanda ukuhamba ngezambatho ezide, bethanda ukuba kukhahlelwe kubo emabaleni embutho, befuna izihlalo

mais importantes nas sinagogas e os lugares de honra nos banquetes.

[47] Contudo, eles devoram as casas das viúvas, e, para não dar na vista, fazem longas orações. Sem dúvida, estes homens sofrerão condenação mais severa!"

Lucas 21

A oferta da viúva pobre

[1] E erguendo os olhos, Jesus observou os ricos colocando suas contribuições nas caixas para coleta de ofertas.

[2] Percebeu também que uma viúva pobre ofertou duas pequenas moedas judaicas.

[3] E exclamou: "Com toda certeza vos asseguro que esta viúva pobre contribuiu mais do que todos eles juntos.

[4] Porquanto todos os ofertantes deram daquilo que lhes sobrava; esta, porém, da sua extrema pobreza, deu tudo o que tinha, todo o seu sustento!"

O sermão profético. O princípio das dores

[5] Alguns dos seus discípulos começaram a falar com admiração sobre a magnificência do templo, edificado com enormes pedras e portentosas obras de arte dedicadas a Deus.

[6] Então, lhes declarou Jesus: "Chegarão os dias, nos quais, de tudo o que vedes aqui não será deixada pedra sobre pedra que não seja derrubada!"

[7] Então indagaram de Jesus: "Mestre! Quando acontecerá tudo isso? E que sinal haverá, quando tais eventos estiverem para se cumprir?"

[8] Esclareceu-lhes Jesus proferindo: "Cuidai para que ninguém vos iluda. Pois muitas

eziphambili ezindlwini zesikhungo, neendawo zamawonga ezidlweni.

[47]Abo bayiphangayo imizi yabahlolokazi, baze bazenzise batsho ngemilembelele yemithandazo, ngabo abaya kufumana esona sohlwayo sikhulu."

ULuka 21

Umnikelo womhlolokazi

(Marko 12:41-44)

[1]Ewaphakamisile amehlo akhe, uYesu ubone izityebi zigalela iminikelo yazo kwisikhongozeli-mali.

[2]Ke wabona mhlolokazi uthile ulihlwempu efaka iimalana ezimbini;

[3]waza wathi: "Ndithi kuni, inene, lo mhlolokazi ulihlwempu unikele ngaphezu kwabo bonke,

[4]kuba bonke aba banikele kuThixo bethatha ebutyebini babo, kanti yena, eswele nje, unikele ngako konke abenokuphila ngako."

UYesu uthetha ngokudilizwa kwendlu kaThixo

(Mat 24:1-2; Marko 13:1-2)

[5]Ke kaloku, xa abathile babethetha ngendlu kaThixo, bencoma ukuhonjiswa kwayo ngamatye amahle nangezinto ezinexabiso, uYesu wathi:

[6]"Niyazibona zonke ezi zinto? Kuya kufika imihla ekungayi kusala litye phezu kwelitye lingàdilizwa."

Ukuqala kwentshutshiso

(Mat 24:3-14; Marko 13:3-13)

[7]Bambuza ke uYesu besithi: "Mfundisi, ziya kubakho nini na ezi zinto? Uya kuba yintoni na umqondiso wokuzalisekiswa kwazo?"

[8]Wathi ke yena: "Lumkani ningalahlekiswa, kuba baninzi abaya kuza egameni lam;

pessoas virão em meu nome, proclamando: 'Ele sou eu!' E ainda: 'Chegou o final dos tempos!' A estes não sigais!

9 Quando ouvirdes falar de guerras e revoluções, não vos apavoreis; pois é necessário que estes fatos venham primeiro, contudo o final dos tempos não ocorrerá em breve".

10 E acrescentou Jesus: "Porquanto, nação se levantará contra nação, e reino contra reino;

11 e haverá em muitos lugares enormes terremotos, epidemias horríveis e devastadora falta de alimentos. Então sucederão eventos terríveis e surgirão poderosos fenômenos celestes.

12 Entretanto, antes que tudo isso aconteça, vos prenderão e perseguirão. E assim vos entregarão às sinagogas e aos cárceres, e sereis conduzidos à presença de reis e governadores, e tudo isso por causa do meu Nome.

13 Porém, isso vos será uma oportunidade para que deis testemunho.

14 Assentai, portanto, desde agora, em vosso coração que não deveis vos preocupar com o que haveis de declarar em vossa defesa.

15 Porque Eu colocarei as devidas palavras em vossa boca e vos concederei sabedoria, a que não conseguirão resistir ou contradizer todos os que vierem a se opor a vós.

16 Mas sereis traídos até por pais, irmãos, parentes e amigos, e matarão alguns de vós.

17 E por todos sereis odiados por causa do meu Nome.

besithi banguye uKrestu, besithi ixesha lisondele. Ke nina ze ningabalandeli.

9Xa nithe neva ngeemfazwe neziphithi-phithi, ze ningoyiki, kuba ezo zinto zimelwe kukubakho kuqala. Sona ke isiphelo asiyi kubakho kwangoko."

10Waqhuba wathi kubo: "Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nokumkani avukelane nokumkani.

11Kuya kubakho iinyikima zomhlaba ezinkulu, kwiindawo ngeendawo kubekho indlala nendyikityha yokufa. Kuya kubakho izinto ezoyikekayo, kwanemiqondiso emikhulu evela ezulwini.

12"Ngaphambi kokuba zonke ezi zinto zenzeke, baya kunibamba, banitshutshise beninikela ezindlwini zesikhungo nasezintolongweni, nisiwe phambi kookumkani neerhuluneli ngenxa yegama lam.

13Oko ke kuya kuba lithuba lenu lokungqina.

14Zimiseleni ukungayicingi kwangaphambili indlela eniya kuziphendulela ngayo,

15kuba mna ndiya kuninika amazwi obulumko abangayi kuba nako ukubuphikisa nokumelana nabo bonke abachasene nani.

16Ke kaloku niya kunikelwa ngabazali, nangabantakwenu, nazizizalwane, nazizihlobo, kubekho nababulawayo kuni.

17Niya kuthiywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam.

[18] Contudo, não se perderá um único fio de cabelo da vossa cabeça.

[19] É na vossa perseverança que confirmais a salvação da vossa alma.

O sermão profético continua. A grande tribulação

[20] Quando virdes exércitos fechando o cerco ao redor de toda Jerusalém, sabei que é chegada a hora da sua absoluta destruição.

[21] Então, os que estiverem na Judéia, refugiem-se nos montes, mas os que estiverem na cidade saiam imediatamente, e os que estiverem nos campos não venham para ela.

[22] Porquanto, estes serão os dias da vingança, a fim de que se cumpra tudo o que está escrito.

[23] Ai das que carregam no ventre seus filhos e daquelas que amamentam naqueles dias! Porque haverá grande aflição na terra e ira contra este povo.

[24] Eles sucumbirão ao fio da espada, e muitos serão levados como prisioneiros para todas as nações. Jerusalém será pisoteada pelos gentios, até que passe o tempo de poderem agir assim.

O sermão profético continua. A volta do Filho do Homem

[25] E haverá sinais no sol, na lua e nas estrelas. Na terra, as nações ficarão desesperadas, com medo do terrível estrondo do mar e das ondas.

[26] Muitas pessoas desmaiarão de terror, preocupadas com o que estará sobrevindo às populações do mundo, pois os poderes do espaço sideral serão abalados.

[18]Ke akuyi kutshabalala nonwele olu lwentloko yenu.

[19]Nothi ke ngokunyamezela kwenu nibuzuze ubomi benu."

Imbandezelo enkulu

(Mat 24:15-21; Marko 13:14-19)

[20]"Xa nithe nayibona iJerusalem irhawulwe yimikhosi, yazini ukuba kusondele ukutshabalala kwayo.

[21]Ngelo xesha mabathi abakwelakwaJuda babalekele ezintabeni, bathi abo bangaphakathi kwayo iJerusalem baphume bemke. Ke abo basemaphandleni mabangangeni eJerusalem.

[22]Yoba yimihla yempindezelo leyo, ukuze kuzaliseke konke okubhalwe eziBhalweni.

[23]Hayi ke abanzima nabanyisayo ngaloo mihla! Kuya kubakho imbandezelo enkulu elizweni, ingqumbo kaThixo ibe phezu kwaba bantu.

[24]Baya kubulawa ngekrele, bathinjwe, basiwe kuzo zonke iintlanga. IJerusalem iya kutshatyalaliswa ziintlanga de liphele ixesha lazo."

Ukuza kwakhe uNyana woLuntu

(Mat 24:29-31; Marko 13:24-27)

[25]"Kuya kubakho imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini; emhlabeni kubekho iintlanga ezicinezelekileyo, zididekile kukugquma kolwandle namaza.

[26]Abantu boba besifa luloyiko, bexhalabele izinto ezilifikelayo ihlabathi, kuba konke okunamandla esibhakabhakeni kodunga-dungeka.

[27] Então, se observará o Filho do homem vindo numa nuvem, com poder e portentosa glória.

[28] Sendo assim, quando esses fatos começarem a surgir, exultai e levantai as vossas cabeças, pois está muito perto a vossa redenção!"

A parábola da figueira

[29] Em seguida, Jesus lhes propôs uma parábola: "Observai a figueira, bem como todas as demais árvores.

[30] Assim que começam a brotar, percebendo-o, reconheceis, por vós mesmos, que o verão está chegando.

[31] Da mesma forma, quando notardes que estes eventos começam a ocorrer, sabei que está próximo o Reino de Deus.

[32] Com toda a certeza vos asseguro que de modo algum passará esta geração sem que todos estes fatos aconteçam.

[33] Porquanto, o céu e a terra desaparecerão, contudo as minhas palavras de maneira nenhuma passarão.

O sermão profético continua. A vigilância

[34] Tende cuidado de vós mesmos, para que jamais vos suceda que o vosso coração fique sobrecarregado com as consequências da libertinagem, da embriaguez e das ansiedades desta vida terrena, e para que aquele Dia não se precipite sobre vós, de surpresa, como uma armadilha.

[35] Pois ele certamente virá sobre todos os que vivem na face de toda a terra.

[36] Vigiai, portanto, em todo o tempo, orando, para que possais escapar de todos estes eventos que estão para acontecer, e

[27]Baya kumbona ke uNyana woLuntu esiza ngelifu, enamandla nobuqaqawuli obukhulu.

[28]Ke kaloku zakuqala ukubakho ezi zinto, yimani nkqo, niphakamise iintloko zenu, kuba isondele inkululeko yenu."

Umzekeliso ngomkhiwane

(Mat 24:32-35; Marko 13:28-31)

[29]Wabenzela umzekeliso uYesu, esithi: "Khangelani umkhiwane nayo yonke imithi.

[30]Xa seyivelisa amagqabi, nithi nakukubona oko, nazi ukuba ihlobo lithwasile.

[31]Kwangokunjalo nani, xa nithe nazibona ezi zinto zisenzeka, yazini ukuba ulawulo lukaThixo lusemnyango.

[32]"Ndithi kuni, inene, asiyi kudlula esi sizukulwana zingadanga zenzeke zonke ezi zinto.

[33]Liya kudlula izulu nehlabathi; ke wona amazwi am akasayi kuze adlule."

Phaphamani!

[34]"Zilumkeleni ke, hleze iintliziyo zenu zenziwe buthuntu buburhovu, nakukunxila, nangamaxhala obu bomi, ize loo mini inifikele ngebhaqo;

[35]kuba iya kubafikela ngokomgibe bonke abahleliyo phezu kwehlabathi lonke.

[36]Ke ngoko phaphamani maxa onke, nikhunga, ukuze nibe namandla okuziphepha zonke ezi zinto ziza kwenzeka,

apresentar-vos em pé diante do Filho do homem".

nize nibe nokuma phambi koNyana woLuntu."

O pacto da traição

37 Jesus passava o dia ensinando no templo; e ao pôr-do-sol caminhava até o monte chamado das Oliveiras, onde passava a noite.

37 Ke kaloku emini uYesu ebefundisa endlwini kaThixo, athi ngokuhlwa aye kulala eNtabeni yemiNquma.

38 Ao raiar do dia, todo o povo se dirigia ao templo para ouvi-lo.

38 Kwakusasa bonke abantu babesiza kumphulaphula endlwini kaThixo.

Lucas 22

ULuka 22

UYesu uyabhungwa

(Mat 26:1-5; Marko 14:1-2; Yoh 11:45-53)

1 A Festa dos Pães sem fermento, chamada Páscoa, estava se aproximando.

1 Ke kaloku lalisondele itheko lezonka ezingenagwele, ekuthiwa yiPasika.

2 E os chefes dos sacerdotes e mestres da lei procuravam um meio para matar Jesus, todavia tinham grande receio do povo.

2 Ke ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho babefuna indlela efihlakeleyo yokumbulala uYesu, kuba babesoyika abantu.

UJudas uceba ukungcatsha uYesu

(Mat 26:14-16; Marko 14:10-11)

3 Então Satanás entrou em Judas, chamado Iscariotes, que fora um dos doze discípulos.

3 Wangena ke uSathana kuJudas ekuthiwa nguSikariyoti, owayengomnye wabafundi abalishumi elinambini.

4 E Judas dirigiu-se aos chefes dos sacerdotes e aos oficiais da guarda do templo e negociou com eles como lhes poderia entregar Jesus.

4 Wesuka waya kubhunga nababingeleli abaziintloko nabagcini bendlu kaThixo, wacebisana nabo ngeyona nto anokuyenza ukuze babe nokumbamba uYesu.

5 A proposta muito os satisfez, e acordaram em lhe dar dinheiro.

5 Bavuya ke bona, bagqiba kwelokuba bamnike imali,

6 Judas aceitou e ficou aguardando uma oportunidade, quando a multidão não estivesse ao redor de Jesus, para então entregá-lo sem tumulto.

6 waza wavuma, waba soloko ezungula ukufumana ithuba lokumbambisa kungekho sihlwele.

A última Páscoa. A Santa Ceia

UYesu ulungiselela ukutya iPasika

(Mat 26:17-25; Marko 14:12-21; Yoh 13:21-30)

7 Finalmente, chegou o Dia dos Pães sem fermento, no qual devia ser sacrificado o cordeiro pascal.

7 Wafika ke loo mhla wesidlo sezonka ezingenagwele ekwakumele ukuxhelwa ngawo ixhwane lePasika.

[8] Então Jesus enviou Pedro e João, recomendando: "Ide preparar-nos a Páscoa para que a ceiemos juntos!"

[9] E eles lhe perguntaram: "Onde desejas que a preparemos?"

[10] Ao que Ele lhes orientou: "Ao entrardes na cidade, encontrareis um homem carregando um pote de água; segui-o até à casa em que ele entrar

[11] e comunicareis ao proprietário da casa: 'O Mestre manda indagar-te: Onde é o salão de hóspedes no qual poderei cear a Páscoa com os meus discípulos?'.

[12] Então ele lhes mostrará uma ampla sala no andar superior, toda mobiliada; ali fazei os preparativos".

[13] E, seguindo, tudo encontraram conforme Jesus lhes havia predito e prepararam a Páscoa.

[14] Quando chegou o momento, Jesus e os seus discípulos se reclinaram à mesa.

[15] Então, Ele lhes revelou: "Tenho desejado ansiosamente comer convosco esta Páscoa, antes da hora do meu sofrimento!

[16] Pois vos afirmo que não a comerei novamente até que ela se cumpra no Reino de Deus.

[17] E, havendo pegado um cálice, Ele deu graças e ordenou: Tomai do cálice e partilhai entre vós;

[18] pois vos declaro que, de agora em diante, não mais beberei do fruto da videira, até que venha o Reino de Deus".

[19] E, tomando um pão, havendo dado graças, o partiu e o serviu aos discípulos, recomendando: "Isto é o meu corpo

[8]UYesu ke wathuma uPetros noYohane, esithi: "Hambani niye kusilungiselela iPasika."

[9]Baza bathi kuye: "Ufuna ukuba siyilungiselele phi na?"

[10]Wathi kubo: "Khangelani, nakungena esixekweni, nodibana nomfo ophethe ingqayi yamanzi. Ze nimlandele, niye kuloo ndlu angena kuyo;

[11]nize nithi kumnini-mzi: 'Úthi uMfundisi: Liphi na igumbi leendwendwe apho ndingayidlela khona iPasika nabafundi bam?'

[12]Yena wonibonisa igumbi elikhulu eliphezulu, elinempahla yalo. Lungisani apho ke."

[13]Bemka, bafika kunjengoko ebetshilo kubo, baza bayilungiselela iPasika.

Umthendeleko weNkosi

(Mat 26:26-30; Marko 14:22-26; 1 Kor 11:23-25)

[14]Lakufika ixesha, uYesu uye kuhlala etafileni enabathunywa bakhe;

[15]waza wathi kubo: "Bendilangazelela kakhulu ukuyitya kunye nani le Pasika, ndingekabuva ubunzima.

[16]Inene, andiyi kuba sayidla konke, de ibe izalisekile kulawulo olutsha lukaThixo."

[17]UYesu ke wathatha indebe, wabulela, waza wathi: "Yithatheni, nabelane ngayo.

[18]Inene, andisayi kusela kwincindi yomdiliya lude luthwase ulawulo olutsha lukaThixo."

[19]Wathatha isonka ke, wabulela, wasiqhekeza, wabanika esithi: "Ngumzimba

oferecido em favor de vós; fazei isto em memória de mim".

[20] Da mesma maneira, depois de cear, pegou o cálice, explicando: "Este cálice significa a nova aliança no meu sangue, derramado em vosso benefício.

[21] Eis, contudo, que a mão daquele que vai me trair está com a minha sobre a mesa.

[22] O Filho do homem certamente vai, conforme o que está prescrito; todavia, ai daquele por intermédio de quem Ele está sendo traído!"

[23] A partir de então, começaram a questionar entre si quem seria, dentre eles, o que estava para fazer isto.

O maior será como o menor

[24] E surgiu também uma discussão entre eles, acerca de qual deles deveria ser considerado o mais importante.

[25] Mas Jesus lhes ponderou: "Os reis das nações são os senhores delas, e os que exercem autoridade sobre os povos são chamados de benfeitores.

[26] Entretanto, vós não sereis assim. Ao contrário, o maior entre vós seja como o mais jovem, e aquele que governa, como o que serve.

[27] Porquanto quem é o maior: o que está reclinado à mesa, ou o que serve? Porventura, não é o que está reclinado à mesa? Contudo, entre vós, Eu Sou como aquele que serve.

[28] Vós sois os que tendes permanecido ao meu lado durante as minhas tribulações.

[29] Assim como meu Pai me outorgou um Reino, Eu o designo a vós,

wam lo [onikelwa ngenxa yenu. Oku kwenzeleni ukundikhumbula."

[20]Bakugqiba ukutya wayithatha kwangokunjalo nendebe, wathi: "Le ndebe ingumnqophiso omtshaosungulwa kukuphalala kwegazi lam.]

[21]"Kodwa, niyabona, lowo undingcatshayo ukunye nam apha etafileni.

[22]Okunene yena uNyana woLuntu uyemka njengoko amiselweyo nguThixo; kodwa hayi ilishwa laloo mntu uNyana woLuntu angcatshwa nguye!"

[23]Baza ke bona babuzana bodwa ukuba ngaba ngubani na kubo oza kuyenza le nto.

Oyena mkhulu

[24]Ke kaloku kwabakho ukubangisana phakathi kwabafundi ngokuba nguwuphi na kubo ekunokuthiwa ngoyena mkhulu.

[25]UYesu wathi kubo: "Ookumkani beentlanga balawula ngegqudu, kanti ke kwabona kuthiwa ngoothandabantu.

[26]Ke nina ze ningabi njalo; omkhulu kuni makabe njengomncinci, nokhokelayo afane nokhonzayo.

[27]Nguwuphi na kakade omkhulu: ngulowo uhleli etafileni, nokuba ngulowo uzisa ukutya etafileni? Asingulowo uhleli etafileni na? Ke mna phakathi kwenu ndinjengesicaka.

[28]"Nina nahlala nihleli nam ekulingweni kwam.

[29]Kwanjengokuba uBawo endinike igunya lokulawula, nam ndininika elo gunya,

30 para que comais e bebais à minha mesa no meu Reino; e vos assentareis em tronos para governar as doze tribos de Israel.

Pedro é avisado

31 Simão, Simão, eis que Satanás já recebeu autorização para vos peneirar como trigo!

32 Eu, entretanto, roguei por ti, para que a tua fé não se esgote; tu pois, quando te converteres, fortalece os teus irmãos!"

33 Mas Pedro replicou: "Senhor! Estou pronto a ir contigo, tanto para a prisão quanto para a morte".

34 Contudo, predisse-lhe Jesus: "Asseguro-te, Pedro, que antes que o galo cante hoje, três vezes negarás que me conheces!"

As duas espadas

35 Em seguida, Jesus os inquiriu: "Quando Eu vos enviei sem bolsa, mochila de viagem e outro par de sandálias, sentistes falta de algo?" Ao que eles prontamente replicaram: "De nada!"

36 Então, Jesus os adverte: "Agora, porém, quem tem bolsa, pegue-a, assim como a mochila de viagem; e quem não tem espada, venda a própria capa e compre uma.

37 Pois vos asseguro que é necessário que se cumpra em mim o que está escrito: 'E Ele foi contado com os transgressores'. Sim, o que está escrito a meu respeito está para se cumprir".

38 Então os discípulos afirmaram: "Senhor, eis aqui duas espadas!" Mas Jesus lhes exortou: "É o bastante!"

Jesus no Getsêmani

30ukuze nitye, nisele, etafileni yam kwikomkhulu lam, nihlale ezikhundleni zokulawula, nigweba izindlu ezilishumi elinambini zakwaSirayeli."

UYesu ulumkisa uPetros

(Mat 26:31-35; Marko 14:27-31; Yoh 13:36-38)

31UYesu wathi: "Uyabona, wena Simon, uSathana ebenibanga efuna ukunihlungula okwengqolowa,

32kodwa mna ndikuthandazele ukuba ukholo lwakho lungapheli. Nawe ke, xa uthe waguquka, uze uwomeleze amakholwa."

33UPetros ke wathi kuye: "Nkosi, ndixolèlè nokuya kunye nawe entolongweni nokuba kusekufeni."

34UYesu wathi: "Inene, Petros, kothi namhlanje ingekakhali inkuku, ube wena sewukhanyele kathathu ukuba uyandazi."

Isipaji nengxowa yomphako nekrele

35Ke uYesu wathi kubo: "Ngôkúyâ ndandinithume ningenasipaji, nangxowa yamphako, nazihlangu, nakha naswela nto na?" Bathi ke bona: "Nento le."

36Waza wathi kubo: "Ke ngoku lowo unesipaji makasithathe, enjenjalo nonengxowa yomphako, aze nalowo ungenakrele athengise ingubo yakhe alithenge.

37Inene, kuya kwenzeka kum oko kubhaliweyo eziBhalweni kwathiwa: 'Wabalelwa kwizaphula-mthetho,' kuba oko kubhaliweyo ngam akunakungenzeki."

38Ke bona bathi: "Nkosi, nanga amakrele amabini." Waza wathi kubo: "Kwanele."

UYesu uyathandaza

(Mat 26:36-46; Marko 14:32-42)

[39] E, retirando-se, seguiu, como de costume, para o monte das Oliveiras; e os discípulos o acompanharam.

[40] Chegando ao lugar, Jesus lhes instruiu: “Orai, para que não venhais a cair em tentação”.

[41] Então Ele se afastou deles à distância de um tiro de pedra, ajoelhou-se e começou a orar:

[42] “Pai, se queres, afasta de mim este cálice; entretanto, não seja feita a minha vontade, mas o que Tu desejas!”

[43] Foi então que apareceu-lhe um anjo do céu que o encorajava.

[44] E, em grande agonia, orava ainda mais intensamente. E aconteceu que seu suor se transformou em gotas de sangue caindo sobre a terra.

[45] Assim que se levantou da oração e voltou à presença dos discípulos, os encontrou adormecidos, exaustos de tristeza,

[46] e exortou-lhes: “Por que estais dormindo? Levantai-vos e orai! Para que não venhais a cair em tentação”.

Jesus é preso

[47] Enquanto Ele ainda falava, chegou uma multidão seguindo a Judas, um dos Doze. Este se aproximou de Jesus para saudá-lo com um beijo.

[48] Jesus, no entanto, lhe arguiu: “Judas, por meio de um ósculo estás traindo o Filho do homem?”

[49] Ao perceberem o que se sucederia, os que estavam com Jesus lhe propuseram: “Senhor! Devemos atacá-los à espada?”

[39]UYesu waphuma waza ngokwesiqhelo sakhe waya eNtabeni yemiNquma. Bamlandela ke abafundi bakhe.

[40]Akufika apho, uYesu wathi kubo: “Thandazani ukuze ningangeni ekulingweni.”

[41]Wasuka kubo, wathi qelele, waguqa ngamadolo, wathandaza

[42]esithi: “Bawo, ukuba uyavuma, yisuse kum le ntlungu. Noko ke, makungabi kokuthandwa ndim, makube kokuthandwa nguwe okwenzekayo.”

[[43]Ke kwabonakala isithunywa kuye, sivela ezulwini, simomeleza.

[44]Edandathekile kakhulu uYesu, kwaba kukhona athandaza ngenyameko, kwada ukubila kwakhe kwangathi ngamathontsi egazi esiwa emhlabeni.]

[45]UYesu ke waphakama ekuthandazeni, waya kubafundi bakhe, wafika belele, bedakumbile;

[46]waza wathi kubo: “Yini na ukuba nilale? Vukani, nithandaze, ukuze ningangeni ekulingweni.”

Ukubanjwa kukaYesu

(Mat 26:47-56; Marko 14:43-50; Yoh 18:3-11)

[47]UYesu esathandaza, kwathi gqi indimbane, ikhokelwa nguJudas, ongomnye wabafundi abalishumi elinambini. Yena wasondela kuYesu ukuba amange.

[48]Waza uYesu wathi kuye: “Judas, umngcatsha ngokumanga na uNyana woLuntu?”

[49]Abo babemngqongile uYesu, bakukubona okuza kwenzeka, bathi kuye: “Nkosi, sibaxabele na ngekrele?”

[50] E um deles feriu o servo do sumo sacerdote, decepando-lhe a orelha direita.

[51] Contudo, Jesus interveio e ordenou: "Deixai-os. Basta!" E tocando a orelha do homem, Ele o curou.

[52] Então, voltando-se Jesus para os chefes dos sacerdotes, os oficiais da guarda do templo e os líderes do povo que haviam chegado para prendê-lo, inquiriu-lhes: "Viestes contra mim com espadas e varas, como se Eu estivesse liderando uma rebelião?

[53] Todos os dias Eu estive convosco no templo e não estendestes as mãos contra mim. Contudo, esta é a vossa hora, quando as trevas dominam".

Pedro nega a Jesus

[54] Então, prenderam a Jesus, o levaram e o fizeram entrar na casa do sumo sacerdote. Pedro, entretanto, os seguia à distância.

[55] Mas, quando acenderam um fogo no meio do pátio e se sentaram ao redor dele, Pedro assentou-se com eles.

[56] Uma criada o viu sentado ali à luz do fogo e olhando fixamente em seu rosto o acusou: "Este homem também estava com Ele!"

[57] Contudo, Pedro negou, assegurando-lhe: "Mulher, não o conheço!"

[58] Pouco depois, um homem também o viu e afirmou: "Tu também és um deles!" Mas Pedro o contradisse: "Homem, eu não sou!"

[59] Então, havendo passado cerca de uma hora, outro homem o identificou: "Com toda a certeza, também este homem, estava com ele, porquanto também é galileu!"

[50]Omnye kubo waxabela isicaka sombingeleli omkhulu, wasinqumla indlebe yokunene.

[51]Waza ke uYesu wathi: "Yekani; kwanele!" Wayichukumisa indlebe yesicaka eso, yaphila.

[52]Ke uYesu wathi kumadoda amakhulu nababingeleli abaziintloko, nabagcini bendlu kaThixo, ababeze kumbamba: "Nindiphathele amakrele neentonga, ngathi nize esihangeni?

[53]Bendinani imihla ngemihla endlwini kaThixo, anandibamba. Eli lithuba lenu, kuba kulawula igunya lobumnyama ngoku."

UPetros ukhanyela uYesu

(Mat 26:57-58,69-75; Marko 14:53-54,66-72; Yoh 18:12-18,25-27)

[54]Bembambile uYesu, bamqhuba bamsa endlwini yombingeleli omkhulu. UPetros wayelandela ekude.

[55]Kwakubaswe umlilo eyadini, kusothiwa, noPetros ke waya kotha kunye nabo.

[56]Isicakazana esithile simbonile uPetros ehleli ngasemlilweni, samqwalasela, sathi: "Naló ebekunye naye!"

[57]Wakhanyela ke yena esithi: "Ntokazindini, andimazi loo mntu!"

[58]Kwakuba mzuzwana, wabonwa ngomnye owathi: "Nawe ungowabo." Waza wathi uPetros: "He mfondini, andinguye!"

[59]Malunga neyure emva koko omnye watsho eqinisekile wathi: "Inene, nalo ikwanguwabo, kuba ukwangowaseGalili."

[60] Ao que Pedro exclamou: “Homem, não sei do que estás falando!” E falava ele ainda, quando o galo cantou.

[61] E aconteceu que o Senhor encontrou-se com Pedro e o olhou diretamente nos olhos. Então Pedro se lembrou da palavra que o Senhor lhe havia predito: “Antes que o galo cante hoje, tu me negarás três vezes”.

[62] Então Pedro, retirando-se dali, chorou amargamente.

Jesus perante o Sinédrio

[63] Os homens que haviam detido a Jesus começaram a zombar dele e a espancá-lo.

[64] Vendaram seus olhos e escarneciam: “Profetiza-nos: quem é que te esbofeteou?”

[65] E lhe dirigiam muitas outras palavras infames, blasfemando.

[66] Logo que o dia clareou, reuniu-se todo o Sinédrio, tanto os chefes dos sacerdotes quanto os mestres da lei, e Jesus foi conduzido à presença dos maiores líderes do povo, onde o interrogaram:

[67] “Se tu és o Cristo, declara-o a nós!” Então Jesus lhes respondeu: “Se vo-lo disser, não acreditareis em mim.

[68] Assim como, se Eu vos questionar, tampouco me atendereis.

[69] No entanto, a partir de agora, o Filho do homem estará assentado à direita do poder soberano de Deus!”

[70] Ao que todos lhe inquiriram: “Ora, então Tu és o Filho de Deus?” Então, Jesus lhes afirmou: “Vós dizeis que Eu Sou”.

[60]Wathi uPetros: “Mfondini, andazani tu nale nto uyithethayo!” Kwathi kwangoko, esathetha, yakhala inkuku.

[61]Yajika iNkosi, yakhangela kuPetros. Walikhumbula ke uPetros ilizwi leNkosi elithi: “Namhlanje ingekakhali inkuku, wondikhanyela kathathu.”

[62]Waphuma phandle uPetros, watsho esikrakra.

UYesu wenziwa intlekisa

(Mat 26:67-68; Marko 14:65)

[63]Amadoda awayembambile uYesu, ayemenza intlekisa, emntlitha,

[64]emgquma amehlo ambuze esithi: “Xela okubethileyo!”

[65]Babethetha nezinye izinto ezininzi bemnyelisa.

UYesu phambi kweBhunga

(Mat 26:59-66; Marko 14:55-64; Yoh 18:19-24)

[66]Kwakusa yahlanganisana intlanganiso yamadoda amakhulu, nababingeleli abaziintloko, nabachazi-mthetho, uYesu bamsa entlanganisweni yeBhunga labo,

[67]bathi: “Ukuba wena unguye uKrestu sixelele.” Wathi yena kubo: “Ukuba ndithe ndanixelela aniyi kukholwa.

[68]Nokuba ke ndithe ndanibuza aniyi kundiphendula.

[69]Ukususela ngoku uNyana woLuntu uya kuhlala ewongeni kwaThixo uSomandla.”

[70]Bathi bona: “Ùnguye na uNyana kaThixo?” Wathi kubo: “Kutsho nina ngokwenu.”

[71] Diante disso, exclamaram todos: “Por que precisamos de mais testemunhas? Posto que acabamos de ouvir a confissão da sua própria boca!”

[71]Bathi ke bona: “Sisabufunelani na obunye ubungqina? Kaloku sizivele ngokwethu amazwi akhe.”

Lucas 23

Jesus perante Pilatos e perante Herodes

[1] Então todo o conselho dos principais líderes do povo judeu levantou-se e conduziu Jesus a Pilatos.

[2] E ali passaram a acusá-lo, alegando: “Encontramos este homem subvertendo a nossa nação. Inclusive, proibindo o pagamento de impostos a César e se dizendo o Messias, o Rei!”

[3] Diante disso, lhe interrogou Pilatos: “És tu o rei dos judeus?” Replicou-lhe Jesus: “De fato, é como dizes!”

[4] Então Pilatos declarou aos chefes dos sacerdotes e às muitas pessoas reunidas: “Não vejo neste homem motivo algum para acusação!”

[5] Todavia, eles insistiam cada vez mais, exclamando: “Ele amotina o povo, pregando por toda a Judéia, desde a Galiléia, onde começou, até aqui”.

[6] Ao ouvir isto, Pilatos quis saber se aquele homem era de fato galileu.

[7] Ao ser informado que era da jurisdição de Herodes, estando este, naqueles dias, em Jerusalém, lho enviou.

[8] Assim que Herodes viu a Jesus, expressou grande satisfação, pois havia muito que desejava conhecê-lo, por ter ouvido falar

ULuka 23

UYesu phambi koPilato

(Mat 27:1-2, 11-14; Marko 15:1-5; Yoh 18:28-38)

[1]Loo mpi yonke yamsa kuPilato uYesu;

[2]yammangalela isithi: “Lo simfumene elahlekisa uhlanga, engavumi ukuba sirhafe kuKhesare, esithi yena unguye uKrestu uKumkani.”

[3]UPilato ke wambuza esithi: “Unguye na uKumkani wamaJuda?” Waphendula yena wathi: “Nawe utsho.”

[4]UPilato wathi kubabingeleli abaziintloko nakwisihlwele: “Andifumani tyala kulo mntu.”

[5]Kwaba kukhona bazingisayo besithi: “Údungadunga abantu, efundisa kulo lonke elakwaJuda, ukususela kwelaseGalili, kude kube lapha.”

UYesu phambi koHerode

[6]Akuva kukhankanywa elaseGalili, uPilato wabuza ukuba uYesu ngowalapho na;

[7]waza wathi, akuqonda ukuba ungowommandla ophethwe nguHerode, wamthumela kuHerode, owayeseJerusalem naye ngelo xesha.

[8]UHerode akumbona uYesu, wavuya kunene; kwakukade efuna ukumbona, kuba wayeve kuthethwa lukhulu ngaye.

sobre sua fama; tinha também a expectativa de vê-lo fazer algum sinal.

9 E de muitas maneiras o questionava; Jesus, entretanto, nada lhe respondia.

10 Os chefes dos sacerdotes e os mestres da lei estavam presentes, e o acusavam com grande eloquência.

11 Porém Herodes, assim como os seus soldados, acabaram por ridicularizá-lo e zombar dele. Obrigaram-no a vestir-se com uma capa de aparente realeza e o mandaram de volta a Pilatos.

12 Naquele mesmo dia, Herodes e Pilatos, que viviam em clima de inimizade, firmaram um pacto de reconciliação.

Pilatos interroga Jesus outra vez

13 Então, Pilatos convocando os chefes dos sacerdotes, todas as demais autoridades judaicas e o povo,

14 ponderou-lhes: "Entregaste-me este homem como amotinador do povo; todavia, tendo-o interrogado na vossa presença, nada constatei contra Ele dos crimes de que o acusais.

15 Tampouco Herodes encontrou alguma falta nele, pois no-lo mandou de volta. E não existe nada digno de morte realizado por Ele.

16 Portanto, após submetê-lo a açoites, libertá-lo-ei!"

17 Pois, conforme a tradição, ele deveria dar liberdade a um detento judeu por ocasião da Páscoa.

18 Contudo, todo o povo gritou a uma voz: "Acaba com este! Solta-nos Barrabás!"

Wayenqwenela nokubona umqondiso usenziwa nguYesu.

9UHerode ke wabuza imibuzo emininzi, kodwa uYesu wathi tu.

10Baphakama ababingeleli abaziintloko nabachazi-mthetho, bamtyhola ngolunya uYesu.

11UHerode nempi yakhe bamenza into engento uYesu, behlekisa ngaye, bemthe wambu ngengubo eqaqambileyo, waza uHerode wambuyisela kuPilato.

12Ngaloo mini baba zizihlobo uPilato noHerode, kuba babefudula bejongene ngezikhondo zamehlo.

UYesu ugwetyelwa ukufa

(Mat 27:15-26; Marko 15:6-15; Yoh 18:39 – 19:16)

13Ke kaloku uPilato wababizela ndawonye ababingeleli abaziintloko nabaphathi bamaJuda, nabantu,

14wathi kubo: "Nizise lo mntu kum nisithi udungadunga abantu. Ke ndimncinile phambi kwenu, ndaza andafumana tyala kuye kwezo zinto nimmangalela ngazo.

15NoHerode akafumananga tyala kuye, kuba naku embuyisela kum. Niyabona, akukho nto ayenzileyo ingabangela ukuba afe.

16Ndothi ke ngoko ndimbethe, ndimkhulule."

[17Ke kaloku ngetheko lePasika wayedla ngokubakhululela umbanjwa abe mnye.]

18Bankqangaza ke bonke besithi: "Mbulale lo, usikhululele uBharabha!"

[19] Ora, Barrabás havia sido condenado e estava na prisão por causa de uma rebelião na cidade e por ter cometido um assassinato.

[20] Mas Pilatos desejava soltar a Jesus e voltou a argumentar com a multidão.

[21] Eles, entretanto, gritavam ainda mais: "Crucifica-o! Crucifica-o!"

[22] Então, pela terceira vez, declarou ao povo: "Que mal fez este homem? De fato, motivo algum encontrei contra Ele para condená-lo à morte. Sendo assim, depois de açoitá-lo, soltá-lo-ei!"

[23] Mas a multidão reivindicava insistentemente aos brados que Ele fosse crucificado. E o clamor do povo prevaleceu.

[24] E assim, Pilatos resolveu dar-lhes o que desejavam.

[25] Libertou o homem que havia sido lançado na prisão por causa da rebelião que causara e do homicídio que cometera, mas por quem clamava o povo. E entregou Jesus à vontade deles.

Jesus a caminho do Gólgota

[26] Então, o retiraram dali e enquanto o levavam, agarraram Simão de Cirene, que estava chegando do campo, e jogaram a trave da cruz sobre seus ombros, obrigando-o a carregá-la e caminhar atrás de Jesus.

[27] E uma grande multidão seguia a Ele, inclusive muitas mulheres que choravam e pranteavam em desespero.

[28] Porém, Jesus, dirigindo-se a elas, as preveniu: "Filhas de Jerusalém, não choreis por mim; antes, pranteai, por vós mesmas e por vossos filhos!

[19]UBharabha lo wayephoswe entolongweni ngenxa yesiphithi-phithi esithile esabakho esixekweni apho, kwanangokubulala.

[20]Waphinda ngoko uPilato wathetha nabo, efuna ukumkhulula uYesu.

[21]Kodwa bona bankqangaza besithi: "Mbethelele! Mbethelele emnqamlezweni!"

[22]UPilato wathi kubo okwesithathu: "Ngoba enze bubi buni na? Andifumani tyala lingabangela ukuba afe. Ndothi ngoko ndimbethe, ndimkhulule."

[23]Bamxina ke uPilato, bekhwaza ngamandla, becela ukuba uYesu abethelelwe emnqamlezweni. Kwema ngabo ke.

[24]Wasuka uPilato wagweba ngelithi masenziwe isicelo sabo.

[25]Wabakhululela lowo babemcela, owayethe ngenxa yesiphithi-phithi nokubulala waphoswa entolongweni. Ke yena uYesu wanikelwa ukuba kwenziwe kuye ngokwesicelo sabo.

UYesu ubethelelwa emnqamlezweni

(Mat 27:32-44; Marko 15:21-32; Yoh 19:17-27)

[26]Kwemkiwa ke noYesu, aza amajoni athi xhakamfu Simon uthile waseKirene, owayevela emaphandleni, awubeka phezu kwakhe umnqamlezo, ukuba awuthwale emva koYesu.

[27]Wayelandelwa yinto eninzi yabantu, kukho nabafazi ababesenza isijwili, bemlilela.

[28]Ejikile ke uYesu, wabakhangela, wathi: "Zintombi zaseJerusalem, sanukundililela mna; koko zilileni nina nabantwana benu;

[29] Porquanto eis que estão chegando os dias em que se dirá: 'Felizes as estéreis, os ventres que jamais geraram e os seios que nunca amamentaram!

[30] Então clamareis às montanhas: 'Caí sobre nossas cabeças!' E às colinas: 'Cobri-nos!'.

[31] Pois, se fazei isto com a árvore verde, o que acontecerá quando ela estiver seca?"

[32] E eram levados com Ele dois outros homens, ambos criminosos, a fim de serem executados.

A crucificação

[33] Quando chegaram a um lugar conhecido como Caveira, ali o crucificaram com os criminosos, um à direita e o outro à sua esquerda.

[34] Apesar de tudo, Jesus dizia: "Pai, perdoa-lhes, pois não sabem o que estão fazendo!" A seguir, dividiram entre si as vestes de Jesus, tirando sortes.

[35] Uma grande multidão estava presente e a tudo observava, enquanto as autoridades o ridicularizavam, exclamando: "Salvou os outros! Pois agora salve-se a si mesmo, se é de fato o Cristo de Deus, o Escolhido!"

[36] Da mesma forma os soldados se aproximaram e também dele zombavam. Oferecendo a Ele vinagre.

[37] E o provocavam: "Se tu és o rei dos judeus, salva-te a ti mesmo!"

[38] Também havia sido afixada uma inscrição acima dele, onde se lia: ESTE É O REI DOS JUDEUS.

[39] Um dos criminosos que ali estavam crucificados esbravejava insultos contra Ele:

[29]kuba, niyabona, iyeza imihla ekuya kuthiwa ngayo: 'Banoyolo abangazalanga, abangancancisanga mntwana.'

[30]Ngelo xesha baya kuthi ezintabeni: 'Siweleni, nisifihle!' ezindulini bathi: 'Sigqumeleleni!'

[31]Xa utsha kangaka umthi oluhlaza, kobeka phi ke kowomileyo?"

[32]Amadoda amabini, awayezizihange, ayeqhutywa esiya kubulawa kunye noYesu.

[33]Bakufika kuloo ndawo kuthiwa luKhakhayi, bambethelela emnqamlezweni khona apho uYesu, bezibethelela kwanezihange ezo, esinye ngasekunene, nesinye ngasekhohlo.

[34]UYesu wathi: "Bawo, baxolele, kuba abayazi into abayenzayo." Baza benza amaqashiso, besabelana ngeengubo zakhe.

[35]Abantu babebonela, abaphathi bamaJuda bemgculela, besithi: "Wabasindisa abanye; makazisindise ke naye, ukuba unguye uKrestu, umnyulwa kaThixo."

[36]Ayemphoxa ke namajoni, esiza asondeze iwayini emuncu kuye,

[37]esithi: "Ukuba wena unguye uKumkani wamaJuda, zisindise."

[38]Kwakubhalwe nombhalo wetyala lakhe phezulu emnqamlezweni, kwathiwa: "Lo nguKumkani wamaJuda."

[39]Esinye isihange kwezo zazixhonywe kunye noYesu, sasimnyelisa, sisithi:

"Não és tu o Messias? Salva-te a ti mesmo e a nós também!"

40 Mas o outro criminoso o repreendeu, afirmando: "Nem ao menos temes a Deus, estando sob a mesma sentença?

41 Nós, na verdade, estamos sendo executados com justiça, pois que recebemos a pena que nossos atos merecem. Porém, este homem não cometeu mal algum!"

42 Então, dirigindo-se a Jesus, rogou-lhe: "Jesus! Lembra-te de mim quando entrardes no teu Reino".

43 E Jesus lhe assegurou: "Com toda a certeza te garanto: Hoje mesmo estarás comigo no paraíso!"

Jesus entrega sua vida na cruz

44 E já era cerca de meio-dia, quando as trevas cobriram toda a terra até as três horas da tarde;

45 o sol perdera seu brilho. E o véu do santuário rasgou-se ao meio.

46 Então, Jesus bradou com voz forte: "Pai! Em tuas mãos entrego o meu espírito". E havendo dito isto, expirou.

47 O centurião, constatando o que tinha acontecido, glorificou a Deus, exclamando: "Verdadeiramente, este homem era justo!"

48 E todas as multidões que haviam afluído, a fim de presenciar aquele acontecimento, ao verem isso, retiraram-se aos prantos, batendo nos peitos.

A sepultura de Jesus

"Akunguye na uKrestu? Zisindise ke, nathi usisindise."

40Sasikhalimela esinye, sisithi: "Akumoyiki na wena uThixo, ukwawiselwe esi sigwebo nje?

41Esi sigwebo okunene sisifanele thina, kuba sivuzwa ngezenzo zethu; kodwa yena lo akenzanga nto imbi."

42Saza sathi kuYesu: "Uzundikhumbule, Yesu, xa uthe weza kulawula."

43UYesu wathi kuso: "Ndithi kuwe, inene, kwanamhlanje uya kuba nam emyezweni wakwaThixo."

Ukufa kukaYesu

(Mat 27:45-56; Marko 15:33-41; Yoh 19:28-30)

44Ke kaloku kwakumalunga nentsimbi yeshumi elinambini emini, laza lasuka latshona emini ilanga, kwaba mnyama phezu kwawo wonke umhlaba, kwada kwayintsimbi yesithathu emva kwemini.

45Ikhuselo legumbi eliyingcwele yendlu kaThixo lakrazuka kubini.

46Wadanduluka ke uYesu ngezwi elikhulu, wathi: "Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakho umoya wam!" Akuba etshilo, waphuma umphefumlo.

47Ke umphathi-butho wamajoni, akukubona okuhlileyo, wamncoma uThixo, esithi: "Inene, lo mntu ebelilungisa."

48Sakuba isihlwele esasihlangene kuloo mbono sikubonile okwenzekileyo, sagoduka sibambelele ezidleleni.

[49] No entanto, todos aqueles que o conheciam, inclusive as mulheres que o haviam seguido desde a Galiléia permaneceram, ainda que à certa distância, observando atentamente todos esses fatos.

[50] E eis que havia certo homem, chamado José, natural de Arimatéia, uma cidade da Judéia, e membro do Sinédrio, que era bom e justo.

[51] Ele não havia concordado com o veredicto, tampouco com o proceder dos outros, e aguardava o Reino de Deus.

[52] Foi à presença de Pilatos e pediu-lhe o corpo de Jesus.

[53] Então, tirando-o da cruz, o envolveu em um lençol de linho, e o depositou num túmulo cavado na rocha, no qual ainda ninguém havia sido sepultado.

[54] Era o Dia da Preparação, e estava para começar o sábado.

[55] As mulheres que vinham seguindo a Jesus desde a Galiléia, acompanharam José, e contemplando o túmulo, viram como o corpo de Jesus fora colocado naquele local.

[56] Em seguida, foram para casa e prepararam perfumes e bálsamos. E no sábado, descansaram, em obediência ao mandamento.

Lucas 24

A ressurreição

[1] No primeiro dia da semana, logo ao raiar da aurora, as mulheres levaram ao sepulcro as especiarias aromáticas que haviam preparado.

[49]Ke bonke abazana noYesu, kwanabafazi ababemlandela bevela kwelaseGalili, babemele kude, bezikhangele ezi zinto.

Ukungcwatywa kukaYesu

(Mat 27:57-61; Marko 15:42-47; Yoh 19:38-42)

[50]Ke kwakukho indoda egama linguJosefu, eyayililungu leBhunga, iyindoda elungileyo elilungisa.

[51]Yona yayingavumelananga necebo labo kwanesenzo sabo. Le ndoda yaseArimati, idolophu yamaJuda, yayilulindele ulawulo lukaThixo.

[52]Yona ke yaya kuPilato, yawucela umzimba kaYesu;

[53]yaza yawuthula, yawusongela ngengubo yelinen, yawubeka engcwabeni elixholwe eliweni, ebekungekangcwatywa bani kulo.

[54]KwakungoLwesihlanu, uMhla wokuPhumla sewusondela.

[55]Abo bafazi bàbelandela uYesu, bephuma eGalili, bâlandela uJosefu, balibona ingcwaba nomzimba kaYesu ubekwa kulo;

[56]baza babuya, balungisa iziqholo nezithambiso. Baphumla ke ngoMhla wokuPhumla ngokomthetho.

ULuka 24

Ukuvuka kukaYesu

(Mat 28:1-10; Marko 16:1-8; Yoh 20:1-10)

[1]Kwakusekusasa ngeCawe ukunduluka kwâbo bafazi besiya engcwabeni, bephethe iziqholo ababezilungisile.

[2] E encontraram removida a pedra do sepulcro;

[3] todavia, quando entraram, não mais acharam o corpo do Senhor Jesus.

[4] Ficaram pasmas, sem saber o que fazer. De repente, dois homens com roupas que reluziam como a luz do sol se colocaram ao lado delas.

[5] Atemorizadas, as mulheres inclinaram o rosto para o chão e nesse momento os homens lhes questionaram: "Por que procurais entre os mortos Aquele que vive?

[6] Ele não está aqui. Ressuscitou! Lembrai-vos de como vos preveniu, enquanto ainda estava convosco na Galiléia:

[7] 'É impreterível que o Filho do homem seja entregue nas mãos de pecadores, e seja crucificado, e ressuscite no terceiro dia'".

[8] Então, se lembraram das palavras de Jesus.

[9] E, ao voltarem do sepulcro, elas compartilharam tudo o que lhes acontecera aos Onze e a todos os outros.

[10] As mulheres que relataram todos esses fatos aos apóstolos foram Maria Madalena, Joana e Maria, mãe de Tiago, bem como as demais que com elas estavam.

[11] Entretanto, eles não acreditaram nelas, as palavras daquelas mulheres lhes pareciam um delírio.

[12] Contudo, Pedro levantou-se e saiu correndo até o sepulcro. Ao chegar, abaixando-se, viu as faixas de linho e mais nada; então afastou-se e voltou perplexo com o que acontecera.

Os dois discípulos no caminho de Emaús

[2]Balifumana ilitye liqengqiwe, lisusiwe engcwabeni.

[3]Bakuba bengenile, abawufumananga umzimba weNkosi uYesu.

[4]Kwathi, besakhohliwe yile nto, kwathi gqi amadoda amabini ngakubo, enezambatho ezibengezelayo.

[5]Basuka boyika abafazi, baqondela phantsi, aza athi loo madoda: "Yini na ukuba ophilayo nimfune kwabafileyo?

[[6]Akakho apha, uvukile.] Khumbulani awakuthetha kuni esekwelaseGalili,

[7]esithi: ' UNyana woLuntu umelwe kukunikelwa ezandleni zaboni, abethelelwe emnqamlezweni, athi ngomhla wesithathu abuye avuke.' "

[8]Bawakhumbula ke amazwi akhe.

[9]Bebuyile engcwabeni abafazi abo bazixela zonke ezo zinto kubafundi abalishumi elinanye nakubo bonke abanye.

[10]YayinguMariya waseMagadala, noYohana, noMariya unina kaYakobi, nabanye abafazi ababenabo, abazixeláyo ezi zinto kubathunywa.

[11]Kubafundi oku kuthethwa ngaba bafazi kwaba ngathi kukulavuza, baza abakholwa.

[[12]Kodwa yena uPetros usuke wabaleka, waya engcwabeni, wathi akukhangela, wabona ingubo yelinen iyodwa, waza wagoduka emangalisiwe koko kwenzekileyo.]

UYesu uzibonakalisa e-Emawusi
(Marko 16:12-13)

[13] E, naquele mesmo dia, dois deles estavam caminhando em direção a um povoado chamado Emaús, que ficava a cerca de onze quilômetros de Jerusalém.
[14] E iam dialogando sobre todos os fatos recentemente ocorridos.
[15] Enquanto trocavam idéias e discutiam, o próprio Jesus se aproximou de ambos e começou a caminhar com eles;
[16] entretanto, os olhos deles foram impedidos de reconhecê-lo.
[17] Então, Ele lhes questionou: “O que vos preocupa e sobre o que ides discutindo durante vossa jornada?” E eles pararam entristecidos.
[18] No entanto, um deles, chamado Cléopas, replicou-lhe: “És o único, porventura, que tendo estado em Jerusalém, ignoras os acontecimentos destes últimos dias?”
[19] Ao que Ele lhes indagou: “Quais?” E eles começaram a lhe explanar: “Ora, o que ocorreu a Jesus, o Nazareno, que era varão profeta, poderoso em obras e palavras diante de Deus e de todo o povo,
[20] e como os chefes dos sacerdotes e as nossas autoridades o entregaram para ser condenado à pena de morte, e o crucificaram;
[21] e nós acreditávamos que fosse Ele quem havia de trazer a total redenção a Israel. Mas, hoje já é o terceiro dia desde que tudo isso aconteceu.
[22] É verdade também que algumas mulheres, seguidoras conosco, nos assustaram. Porquanto foram de madrugada ao sepulcro,

[13]Kwangaloo mini kwasuka abafundi ababini baya e-Emawusi, idolophana emalunga neekhilomitha ezilishumi elinambini ukusuka eJerusalem.
[14]Babethetha ngako konke okwakuthe kwenzeka.
[15]Kwathi besathetha bebuzana, uYesu ngenkqu wasondela wahamba nabo,
[16]kodwa bembona nje, kwasitheliswa kubo ukuba bamnakane.
[17]UYesu ke wathi kubo: “Zizinto zini na ezi nihamba nincokola ngazo?” Bema ke bematshekile;
[18]waza waphendula omnye, lo ugama linguKleyopa, wathi kuye: “Nguwe kuphela na kwababekho eJerusalem ongazaziyo izinto ezenzeke khona kwezi ntsuku?”
[19]Wathi kubo: “Zinto zini na?” Bathi bona kuye: “Ezo zingoYesu waseNazarete, owayengumshumayeli onamandla amakhulu ekwenzeni imiqondiso nasekuthetheni, engqinelwa nguThixo nangabo bonke abantu.
[20]Ababingeleli abaziintloko nabaphathi bethu bamnikela ukuba agwetyelwe ukufa, waza wabethelelwa emnqamlezweni.
[21]Ke thina besithembe ukuba nguye owokhulula uSirayeli. Kunjalo nje namhlanje lusuku lwesithathu zenzekile ezo zinto.
[22]Kanti abafazi abathile beqela lethu, abathe baya engcwabeni kwakusasa, basothusile,

[23] mas não encontraram o corpo de Jesus. Contudo, voltaram e nos relataram que tiveram uma visão de anjos, que lhes asseguraram que Ele vive!

[23]kuba bengawufumani umzimba wakhe, babuye besithi babone umbono wezithunywa ezithi uyaphila.

[24] De fato, alguns outros seguidores entre nós foram ao sepulcro e encontraram tudo exatamente como as mulheres haviam informado; porém não viram a Ele".

[24]Basuka nabanye bethu, baya engcwabeni, bafika kunjengoko babetshilo abafazi. Ke yena abambonanga."

[25] Então, lhes admoestou Jesus: "Ó tolos de entendimento e lentos de coração para crer em tudo quanto os profetas já declararam a vós!

[25]Waza uYesu wathi kubo: "Ninje na kanti ukungaqondi! Nithatha kade kangaka na ukukholwa kuko konke abâkuthetháyo abashumayeli!

[26] Ora, não era imprescindível que o Cristo padecesse para que entrasse na sua glória?"

[26] UKrestu ebengamelwe na kukuthi abuve obu bunzima, aze anyuselwe ewongeni?"

[27] Então, iniciando por Moisés e discorrendo sobre todos os profetas, explanou-lhes o que a seu respeito constava em todas as Escrituras.

[27]Wabachazela kuzo zonke iziBhalo iindawo ezithetha ngaye, eqalela kwiincwadi zikaMosis, waya kutsho kuzo zonke ezabashumayeli bamandulo.

[28] Ao se aproximarem do povoado para o qual se dirigiam, Jesus fez como quem ia continuar a caminhada, seguindo mais à frente.

[28]Basondela ke kuloo dolophana babesiya kuyo, wanga uYesu uyagqitha;

[29] Porém eles muito insistiram, rogando-lhe: "Fica conosco, pois é tarde, e o dia já está chegando ao fim!" Então, Ele entrou para ficar com eles.

[29]baza bona bamcela besithi: "Hlala nathi, kuba kuyahlwa, nemini seyimkile." Wangena ke ukuba ahlale nabo.

[30] E aconteceu que, quando estavam reclinados ao redor da mesa, tomando Ele o pão, deu graças, partiu-o e o deu a eles;

[30]Wathi, esetafileni kunye nabo, wathatha isonka, wabulela, wasiqhekeza, wabanika.

[31] neste mesmo instante, se lhes abriram os olhos, e o reconheceram; Ele, contudo, desapareceu diante dos olhos deles.

[31]Aqabuka amehlo abo, bamazi. Wathi shwaka yena kubo.

[32] E questionaram-se entre si: "Porventura não nos queimava o coração, quando Ele, durante a nossa jornada, nos falava, quando nos explicava as Escrituras?"

[32]Baza bathi omnye komnye: "Iintliziyo zethu bezingavuthi na luvuyo xa ebethetha nathi endleleni esityhilela iziBhalo?"

[33] E, na mesma hora, levantando-se, retornaram para Jerusalém, onde encontraram reunidos os Onze e outros seguidores com eles,

[34] os quais anunciavam: “É verdade! O Senhor ressuscitou e apareceu a Simão!”

[35] Então os dois comunicaram o que havia ocorrido no caminho e como Jesus fora reconhecido por eles enquanto partia o pão.

A aparição de Jesus aos doze

[36] E aconteceu que, estando ainda conversando sobre esses fatos, o próprio Jesus apareceu entre eles e lhes saudou: “Paz seja convosco!”

[37] Eles ficaram atônitos e aterrorizados, pensando que estivessem vendo um espírito.

[38] Todavia, Ele lhes exortou: “Por que estais apavorados? E por qual motivo sobem dúvidas ao vosso coração?

[39] Observai as minhas mãos e meus pés e vede que Eu Sou o mesmo! Tocai-me e comprovai o que vos afirmo. Por que um espírito não tem carne nem ossos, como percebeis que Eu tenho.

[40] E havendo dito isto, passou a mostrar-lhes as mãos e os pés.

[41] E tão repletos de alegria e surpresa estavam, que não conseguiam acreditar no que viam. Por isso, Jesus lhes pediu: “Tendes aqui algo para comer?”

[42] E eles lhe ofereceram um pedaço de peixe assado.

[43] E pegando aquele pedaço de peixe o comeu na presença de todos.

Jesus esclarece as Escrituras

[33]Besuka kwangelo lixa, babuyela eJerusalem, babafumana abafundi abalishumi elinanye behlanganisene ndawonye kunye nâbo babenabo,

[34]besithi: “Inene, iNkosi ivukile! Ibonakele kuSimon.”

[35]Bakubalisa ke okwenzeke endleleni, nokutyhileka kweNkosi kubo xa yayiqhekeza isonka.

UYesu uzibonakalisa kubafundi bakhe

(Mat 28:16-20; Marko 16:14-18; Yoh 20:19-23; Mseb 1:6-8)

[36]Ke kaloku, besazithetha ezi zinto, uYesu ngenkqu wema phakathi kwabo, [wathi kubo: “Uxolo malube nani.”]

[37]Basuka bankwantya, baba babona into engengomntu ncam.

[38]Wathi kubo: “Yini na ukuba nothuke? Kutheni na ukuba nibe nentandabuzo?

[39]Khangelani izandla zam, niqonde ukuba ndim kanye. Ndiphatheni niqondisise ukuba ndingumntu, ndinenyama namathambo, njengoko nindibona ndinjalo.”

[[40]Etshilo wababonisa izandla neenyawo zakhe.]

[41]Ke kaloku, bâthi bengekakholwa, bemangalisiwe bevuya, wathi kubo: “Ninanto ityiwayo na apha?”

[42]Bamnika intwana yentlanzi eyojiweyo,

[43]wayithatha, wayitya bejongile.

44 Em seguida, Jesus lhes explicou: “São estas as palavras que Eu vos ensinei quando ainda estava entre vós: Era necessário que se cumprisse tudo o que a meu respeito está escrito na Lei de Moisés, nos Profetas e nos Salmos!”

45 Então, se lhes abriu o entendimento para que pudessem compreender as Escrituras.

46 E lhes afirmou: “Está escrito que o Cristo haveria de padecer e ressuscitar dos mortos no terceiro dia,

47 e que em Seu Nome seria pregado o arrependimento para o perdão dos pecados a todas as nações, começando por Jerusalém.

48 E vós sois testemunhas destes fatos.

49 Eis que Eu sobre vós envio a promessa de meu Pai; contudo, permanecei na cidade, até que sejais revestidos do poder do alto!”

A ascensão

50 Tendo-os levado até as proximidades de Betânia, Jesus ergueu as mãos e os abençoou.

51 E, enquanto os abençoava, ia-se retirando da presença deles, sendo elevado ao céu.

52 Então, eles o adoraram e voltaram para Jerusalém plenos de felicidade.

53 E reuniam-se constantemente no pátio do templo, bendizendo a Deus.

44UYesu ke wathi kubo: “Zizo ezi izinto endazithethayo kuni ndisenani, ndisithi zimelwe kukuzaliseka zonke izinto ezibhaliweyo ngam emthethweni kaMosis, nasezincwadini zabashumayeli, nasezindumisweni.”

45Waza ke wazikhanyisela iingqondo zabo, ukuze baziqonde iziBhalo;

46wathi kubo: “Kubhalwe kwathiwa uKrestu umelwe kukuthi eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesithathu.

47Kukwabhalwe kusithiwa zothi egameni lakhe zivakaliswe kuzo zonke iintlanga iindaba zenguquko noxolelo lwezono, kuqalelwa eJerusalem.

48Nina ke ningamangqina ezi zinto.

49Niyabona, mna ndilinika nina idinga likaBawo. Ze nihlale ke eJerusalem nide nixhotyiswe ngamandla avela phezulu.”

UYesu unyuselwa ezulwini

(Marko 16:19-20; Mseb 1:9-11)

50UYesu ke waphuma nabafundi bakhe, wabasa ngaseBhetani; waza waphakamisa izandla zakhe, wabasikelela.

51Kwathi esabasikelela, wahlukana nabo, [wanyuswa wasiwa ezulwini].

52Ke bona [bakuba bequbudile,] babuyela eJerusalem benovuyo olukhulu;

53baza basoloko bekho endlwini kaThixo, bembonga uThixo.

João	UYohane

João 1

O Verbo se fez carne

1 No princípio era a Palavra, e a Palavra estava com Deus, e a Palavra era Deus.

2 Ele, a Palavra, estava no princípio com Deus.

3 Todas as coisas foram feitas atravésdele, e, sem Ele, nada do que existe teria sido feito.

4 Nele estava a vida e a vida era a luz dos homens;

5 e a luz resplandece nas trevas, mas as trevas não a venceram.

6 Houve um homem enviado de Deus, cujo nome era João.

7 Ele veio como testemunha para que testificasse a respeito da luz, a fim de todos virem a crer por intermédio dele.

8 João não era a luz, mas foi enviado para testemunhar da luz.

9 A Palavra é a luz verdadeira que, vinda ao mundo, ilumina a toda a humanidade.

10 Aquele que é a Palavra estava no mundo, e o mundo foi feito através dele, mas o mundo não o reconheceu.

11 Ele veio para o que era seu, mas os seus não o receberam.

12 Mas a todos quantos o receberam, deu-lhes o direito de se tornarem filhos de Deus, ou seja, aos que crêem no seu Nome;

13 os quais não nasceram do sangue, nem da vontade da carne, nem da vontade do homem, mas de Deus.

UYohane 1

Ulizwi waba ngumntu

1Ekuqaleni, kungekadalwa, wayeselekho uLizwi. ULizwi lo wayekunye noThixo, naye ngokwakhe enguThixo.

2Yena wayekunye noThixo kwasekuqalekeni.

3Izinto zonke zadalwa ngaye; ngaphandle kwakhe akubangakho nto idaliweyo. Indalo yonke

4yaba nobomi ngaye, baza obo bomi baba lukhanyiso eluntwini.

5Olu khanyiso lukhanya ebumnyameni; kwaye ubumnyama abuzange bukoyise ukukhanya kwalo.

6UThixo wathuma mntu uthile, ogama linguYohane.

7Yena weza kungqina, engqinela ukukhanya, ukuze bonke bakholwe ngenxa yobungqina bakhe.

8Yena uYohane ngokwakhe wayengelulo ukhanyiso, koko weza kungqina ngalo.

9Lowo ulukhanyiso lwenene olukhanyisela wonke umntu, wayesiza ehlabathini.

10Wafika ke yena ehlabathini; kanti, nangona ihlabathi labakho ngaye nje, alimqondanga.

11Weza kwelakowabo, aza amawabo akamamkela.

12Kodwa bonke abâmamkeláyo, bezinikele kuye ngokupheleleyo, wabanika igunya lokuba ngabantwana bakaThixo.

13Ababanga ngabantwana bakaThixo ngokuzalwa bengabomlibo othile, okanye ngokuzalwa ngendlela yemvelo; nguThixo ngokwakhe obazeleyo.

[14] E a Palavra se fez carne e habitou entre nós. Vimos a sua glória, glória como a do Unigênito do Pai, cheio de graça e verdade.

[14]ULizwi ke waba ngumntu, waza wahlala phakathi kwethu. Sabubukela ubungangamsha bakhe awabunikwa nguYise, njengoko ekukuphela koNyana wakhe; ubungangamsha ke obuphuphuma ububele nenyaniso.

O testemunho de João Batista

[15] João testemunha sobre Jesus e exclama, dizendo: "Este é Aquele de quem eu disse: Ele, o que vem depois de mim, tem a excelência, porquanto já existia antes de mim."

[15]UYohane wangqina ngoLizwi; wavakalisa esithi: "Lo ngulowo bendithetha ngaye xa bendisithi: 'Lowo uza emva kwam mkhulu kunam, kuba wayeselekho ndingekabikho mna.' "

[16] E da sua plenitude todos nós temos recebido, graça sobre graça.

[16]Ngokuphuphuma kobubele bukaLizwi, thina sonke saphiwa iintsikelelo ezingenasiphelo.

[17] Porquanto a Lei foi dada por intermédio de Moisés; mas a graça e a verdade vieram através de Jesus Cristo.

[17]Nakuba uThixo wasinika umthetho ngoMosis, ubabalo nenyaniso wasinika ngoYesu Krestu.

[18] Ninguém jamais viu a Deus; o Filho unigênito, que está no seio do Pai, é quem o revelou.

[18]Akukho namnye umntu owakha wambona uThixo. Abantu bamazi uThixo ngokumaziswa nguNyana okukuphela kwakhe, yena okwanguThixo, ohlala ehleli esenyongweni kuYise.

Ubungqina bukaYohane umbhaptizi

(Mat 3:1-12; Marko 1:1-8; Luka 3:1-18)

[19] E este é o testemunho de João, quando os judeus enviaram de Jerusalém sacerdotes e levitas para o interrogarem: "Quem és tu?"

[19]Nabu ke ubungqina bukaYohane, oko amaJuda aseJerusalem athumela ababingeleli nabaLevi kuye, okokuba ambuze athi: "Ungubani na?"

[20] Ele confessou e não negou; mas declarou francamente: "Eu não sou o Cristo."

[20]Watsho ngokuphandle, engafihlisi, wathi: "Mna andinguye uKrestu."

[21] E o questionaram: "Quem és, então? És tu Elias?" Ele disse: "Não o sou." "És tu o Profeta?" E João afirmou: "Não."

[21]Bambuza besithi: "Ungubani ke? Ngaba unguEliya?" Yena wathi: "Hayi andinguye." Bona bathi: "Ngaba unguye laa Mshumayeli?" Waphendula wathi: "Hayi, andinguye."

[22] Então, perguntaram a ele: "Quem és tu? Dá-nos uma resposta, para que a levemos

[22]Ke ngoko bathi kuye: "Sixelele okokuba ungubani na, ukuze sibe nokubaphendula

àqueles que nos enviaram; que dizes a respeito de ti mesmo?”

23 E João lhes disse: “Eu sou a voz do que clama no deserto: ‘Fazei um caminho reto para o Senhor’, como disse o profeta Isaías”.

24 Ora, os que haviam sido enviados faziam parte dos fariseus.

25 E perguntaram-lhe ainda: “Então, por que batizas, se não és o Cristo, nem Elias, nem o Profeta?”

26 João respondeu-lhes, dizendo: “Eu batizo com água; mas, no meio de vós, já está quem vós não conheceis.

27 Ele é aquele que vem depois de mim, cujas correias das sandálias não sou digno de desamarrar”.

28 Essas coisas aconteceram em Betânia, do outro lado do Jordão, onde João estava batizando.

Jesus, o Cordeiro de Deus

29 No dia seguinte, João viu a Jesus, que vinha caminhando em sua direção, e disse: “Eis o Cordeiro de Deus, que tira o pecado do mundo!

30 Este é aquele do qual eu disse: ‘depois de mim vem um homem que tem a excelência, pois que já existia antes de mim’.

31 Eu não o conhecia, mas, a fim de que Ele fosse revelado a Israel, vim, por isso, batizando com água”.

32 E João testemunhou, dizendo: “Vi o Espírito descendo do céu como uma pomba e permaneceu sobre Ele.

abo basithumileyo. Ngaba uthini na wena ngawe ngokwakho?”

23Waphendula uYohane, ecaphula kumazwi omshumayeli uIsaya, esithi: “Mna ndililizwi lodandulukayo entlango, lisithi: ‘Yilungiseleleni indlela iNkosi.’ ”

24Kwakukho nababethunywe ngabaFarasi.

25Bona bambuza uYohane besithi: “Ungáthini ke ukubhaptiza, ungenguye uKrestu, okanye uEliya, okanye laa Mshumayeli?”

26Wabaphendula uYohane wathi: “Mna ndinibhaptiza ngamanzi. Kambe ke phakathi kwenu kumi eningamaziyo.

27Yena uza emva kwam, kodwa mna andifanele kukhulula nomtya lo wezihlangu zakhe.”

28Oku kwênzeka eBhetani, ngaphesheya kweJordan, apho uYohane wayebhaptiza khona.

Ixhwane ledini

29Ngengomso uYohane wabona uYesu esiza kuye, wathi: “Nâlo ixhwane likaThixo lokungxengxezela isono sehlabathi.

30Nguye lo bendixela yena xa bendisithi: ‘Emva kwam kuza umntu omkhulu kunam, kuba wayekho ndingekabikho mna.’

31Nam ngokwam bendingamazi; koko ndize kubhaptiza ngamanzi ngenjongo yokuba ndimazise kubantu bakwaSirayeli.”

32UYohane wangqina esithi: “Ndibone uMoya oyiNgcwele esihla enjengehobe, evela ezulwini, waza wahlala phezu kwakhe.

[33] Eu não o conhecia; Aquele, entretanto, que me enviou a batizar com água me disse: ‘Aquele sobre quem vires descer e permanecer o Espírito, esse é o que batiza com o Espírito Santo’.

[34] E eu, de fato, vi e testifico que este é o Filho de Deus”.

Os primeiros apóstolos de Jesus

[35] No dia seguinte, João estava outra vez na companhia de dois dos seus discípulos

[36] e, observando que Jesus passava, disse: “Eis o Cordeiro de Deus!”

[37] Os dois discípulos ouviram o que ele falou, e se tornaram seguidores de Jesus.

[38] Então Jesus, voltando-se e vendo que os dois o seguiam, disse-lhes: “Que estais procurando?” Eles disseram: “Rabi , onde estás hospedado?”

[39] E Jesus disse: “Vinde e vede”. Eles foram e viram onde Jesus estava morando; e ficaram com Ele aquele dia, sendo isso por volta da hora décima.

[40] Um dos dois que ouviram João falar e seguiram a Jesus, era André, irmão de Simão Pedro.

[41] Ele primeiro procurou seu próprio irmão, Simão, e lhe disse: “Encontramos o Messias ”.

[42] E o levou a Jesus. Quando Jesus olhou para ele, disse: “Tu és Simão, o filho de João; tu serás chamado Cefas ”.

[33]Ke nam bendingamazi, kodwa lowo wandithumayo ukuba ndibhaptize ngamanzi, nguye owathi kum: ‘Lowo ùbone uMoya esihla phezu kwakhe, ahlale kuye, nguye obhaptiza ngoMoya oyiNgcwele.’

[34]Ke mna, ndikubonile nje oku, ndiyangqina okokuba lo nguye uNyana kaThixo.”

Abafundi bokuqala bakaYesu

[35]Ngengomso uYohane wayelapho kwakhona, enababini kubafundi bakhe.

[36]Waza wabona uYesu edlula apho, wathi: “Nâlo ixhwane likaThixo lokungxengxezelela isono.”

[37]Abafundi abo bamva esitsho, baza bamlandela uYesu.

[38]Akubheka uYesu, wabona ukuba bayamlandela, waza wathi kubo “Ngaba nifuna ntoni na?” Baza bathi kuye: “Mfundisi, uhlala phi na?”

[39]Wathi kubo: “Yizani, nibone.” Bahamba kunye naye ke, bayibona indawo awayehlala kuyo, baza bahlala naye loo mini. Ixesha lalimalunga nentsimbi yesine emva kwemini.

[40]YayinguAndreya, umntakwabo-Simon Petros, omnye wâbo bafundi babini beva ngoYohane, baza bamlandela uYesu.

[41]Kwangoko uAndreya wabona umntakwabo uSimon, wathi kuye: “Simfumene uMesiya.” (Oko kukuthi “ uKrestu.”)

[42]Wamsa kuYesu ke; waza uYesu wamjonga, wathi: “Wena unguSimon, unyana kaYohane. Igama lakho loba nguKefas.” (Oko kukuthi “Lwalwa.”)

Ukubizwa kukaFilipu noNataniyeli

[43] No dia seguinte, Jesus decidiu ir para a Galileia. Quando encontrou a Filipe, disse-lhe: “Segue-me.”

[44] Ora, Filipe era de Betsaida, cidade de André e de Pedro.

[45] Filipe encontrou a Natanael e disse-lhe: “Encontramos Aquele sobre quem Moisés escreveu na Lei, e a respeito de quem também escreveram os profetas: Jesus de Nazaré, filho de José”.

[46] E Natanael disse-lhe: “Pode alguma coisa boa vir de Nazaré?” Filipe respondeu-lhe: “Vem e vê”.

[47] Jesus viu Natanael se aproximando e disse a seu respeito: “Eis um verdadeiro israelita, em quem não há falsidade!”

[48] Disse-lhe Natanael: “De onde me conheces?” Respondeu-lhe Jesus: “Antes de Filipe te chamar, quando tu estavas debaixo da figueira, eu te vi”.

[49] Natanael exclamou: “Mestre, Tu és o Filho de Deus! Tu és o Rei de Israel!”

[50] Jesus lhe respondeu: “Porque Eu disse que te vi debaixo da figueira, crês? Pois tu verás coisas muito maiores do que estas”.

[51] E disse-lhes Jesus: “Em verdade, em verdade vos asseguro que vereis o céu aberto e os anjos de Deus subindo e descendo sobre o Filho do homem”.

João 2

As bodas em Caná. A água feita vinho

[1] No terceiro dia, houve um casamento em Caná da Galileia. A mãe de Jesus estava ali.

[43]Ngengomso uYesu wabona ukuba makaye eGalili; waza wadibana noFilipu, wathi kuye: “Ndilandele.”

[44]Ke uFilipu wayengowaseBhetesayida, idolophu yakuloAndreya noPetros.

[45]UFilipu wadibana noNataniyeli, wathi kuye: “Simbonile lowo uMosis wabhala ngaye emthethweni, ekwâbhalwa ngaye nangabashumayeli. NguYesu, unyana kaJosefu waseNazarete.”

[46]UNataniyeli wathi kuye: “Uthini! Kungákho nto ilungileyo inokuphuma eNazarete?” UFilipu wathi kuye: “Yiza, uzibonele.”

[47]UYesu akumbona uNataniyeli esiza kuye, wathi ngaye: “Ngenene nanko umSirayeli ekungekho nkohliso kuye.”

[48]UNataniyeli wathi kuye: “Ùndazela phi na?” UYesu wamphendula wathi: “Wena ndakubona usephantsi komkhiwane, engekakubizi uFilipu.”

[49]UNataniyeli wamphendula wathi: “Mfundisi, inene unguNyana kaThixo; unguKumkani wakwaSirayeli.”

[50]UYesu wathi kuye: “Ùkholwa ngokuba ndithe kuwe ndikuboné uphantsi komkhiwane? Uya kubona izinto ezingaphezulu lee kunezi.”

[51]Wahambisa wathi kuye: “Ndithi kuni, inene, niya kulibona izulu livulekile, nezithunywa zikaThixo zinyuka zisihla phezu kwakhe uNyana woLuntu.”

UYohane 2

UYesu uguqula amanzi abe yiwayini eKana

[1]Kwathi ngomhla wesithathu kwabakho umtshato eKana kwelaseGalili, ekho nonina kaYesu.

[2] Jesus e seus discípulos também foram convidados.
[3] Tendo acabado o vinho, a mãe de Jesus lhe disse: “Eles não têm mais vinho”.
[4] Jesus lhe disse: “Mulher, em que essa tua preocupação tem a ver comigo? Ainda não é chegada a minha hora”.
[5] Sua mãe disse aos serviçais: “Seja o que for que Ele vos pedir, fazei”.
[6] Estavam ali seis jarros de pedra, que os judeus usavam para as purificações, e cada um levava duas ou três metretas.
[7] Jesus disse aos serviçais: “Enchei os jarros com água”. E os encheram até à borda.
[8] Então lhes disse: “Tirai agora, um pouco, e levai ao mestre-sala”. Eles assim o fizeram.
[9] Quando o mestre-sala provou a água transformada em vinho, não sabendo donde viera, embora o soubessem os serviçais que tiraram a água, chamou o noivo
[10] e lhe disse: “Todo homem serve primeiro o bom vinho e, depois que os convidados já beberam bastante, o vinho inferior é servido; tu, entretanto, guardaste o bom vinho até agora”.
[11] Com esse, deu Jesus princípio a seus sinais em Caná da Galileia; manifestou a sua glória, e os seus discípulos creram nele.
[12] Depois disso, desceu Ele para Cafarnaum, com sua mãe, seus irmãos e seus discípulos; e ficaram ali não muitos dias.

Jesus purifica o templo

[2]UYesu nabafundi bakhe babemenyiwe nabo kuloo mtshato.
[3]Yakuphela iwayini, unina kaYesu wathi kuye: “Baphelelwe yiwayini.”
[4]Wathi kuye uYesu: “Mama, khawuyeke. Ixesha lam alikafiki.”
[5]Waza unina wathi kwizicaka: “Kwenzeni konke anixelelayo.”
[6]Apho ke kwakukho imiphanda yelitye emithandathu eyayisetyenziswa ngamaJuda kwisiko lawo lokuhlambulula. Umphanda ngamnye wawumkhulu kangangokuba wawungena iilitha ezimalunga namashumi alithoba ukuya kwikhulu.
[7]UYesu ke wathi kwizicaka: “Zalisani le miphanda ngamanzi.” Izicaka zayizalisa,
[8]wathi kuzo: “Yikhani ngoku, nise kwinjoli.” Zenjenjalo ke,
[9]yaza injoli yawangcamla amanzi ajikwe aba yiwayini, koko ingazi apho ivela khona le wayini. Yayizizicaka kuphela ezazisazi, kuba ayekhiwe zizo amanzi. Injoli ke yambiza umyeni,
[10]yathi kuye: “Idla ngokukhutshwa kuqala iwayini elungileyo, kuthi zakuba zisele zanela iindwendwe, kukhutshwe enganeno. Kodwa wena uyigcine kwada kwangoku eyona wayini ilungileyo.”
[11]Lo mqondiso wakhe wokuqala uYesu wawenza eKana kwelaseGalili, ebonakalisa ubungangamsha bakhe; baza abafundi bakhe bakholwa kuye.
[12]Emva koko uYesu, nonina, nabantakwabo, nabafundi bakhe, baya eKapernahum, bahlala khona iintsukwana.

UYesu uvala urhwebo endlwini kaThixo

(Mat 21:12-13; Marko 11:15-17; Luka 19:45-46)

[13] A Páscoados judeus estava se aproximando, e Jesus subiu para Jerusalém.

[14] Encontrou no templo os que vendiam bois, ovelhas e pombas, e cambistas assentados negociando;

[15] tendo feito um chicote de cordas, expulsou todos do templo, bem como as ovelhas e os bois, espalhou pelo chão o dinheiro dos cambistas e virou as mesas;

[16] e disse aos que vendiam as pombas: "Tirai essas coisas daqui; não façais da casa de meu Pai, casa de comércio."

[17] Então seus discípulos lembraram-se do que foi escrito: "O zelo pela tua Casa me consumirá."

[18] Os judeus o contestaram, dizendo: "Que sinal de autoridade nos mostras, para agires dessa maneira?"

[19] Jesus lhes respondeu: "Destruí este templo, e, em três dias, Eu o reconstruirei."

[20] Replicaram os judeus: "Em quarenta e seis anos foi construído este templo, e tu afirmas que em três dias o levantarás?"

[21] Ele, porém, se referia ao templo do seu corpo.

[22] Por essa razão, quando Jesus ressuscitou dentre os mortos, recordaram-se os seus discípulos de que Ele dissera isso; e creram na Escritura e na Palavra pregada por Jesus.

Jesus conhece a índole humana

[13]Yayiselisondele iPasika yamaJuda, waza uYesu waya kuyo eJerusalem.

[14] Endlwini kaThixo wafika kukho abathengisi beenkomo, neegusha, namahobe; kukho nabatshintshi-mali behleli ezitafileni zabo.

[15]Wenza isabhokhwe ngentambo, wabakhupha bonke endlwini kaThixo, ezikhupha nezo gusha nezo nkomo. Wayichitha imali yabatshintshi, wabhukuqa nezo tafile zabo.

[16]Waza wathi kwabathengisa amahobe: "Zikhupheni apha ezi zinto. Indlu kaBawo sanukuyenza indawo yokuthengisela."

[17]Bakhumbula ke abafundi bakhe okokuba iziBhalo zithi: "Ukuzondelela indlu yakho, Thixo, kundongamele."

[18]Zambuza ke iinkokheli zamaJuda zisithi: "Ùngenza mqondiso mni na wokusibonisa ukuba unalo igunya lokwenza ezi zinto?"

[19]Waphendula uYesu wathi: "Yidilizeni le ndlu. Mna ndoyakha kwakhona ngeentsuku ezintathu."

[20]Aza athi amaJuda: "Ukwakhiwa kwale ndlu kwaba yiminyaka emashumi mane anesithandathu. Ngaba wena ungayivusa na ngeentsuku ezintathu?"

[21]Yona indlu uYesu awayethetha ngayo yayingumzimba wakhe.

[22]Kwathi akuvuka kwabafileyo, bakhumbula abafundi bakhe okokuba wayekuthethile oku, baza bakholwa ziziBhalo nangamazwi awawathethayo uYesu.

UYesu uyazazi iintliziyo zabantu

[23] Estando Ele em Jerusalém, durante a festa da Páscoa, muitos, vendo os sinais que Ele fazia, creram em seu Nome;

[24] mas Jesus não se confiava a eles, porque os conhecia a todos.

[25] E não necessitava que alguém lhe desse testemunho acerca do homem, pois Ele bem conhecia o que havia na natureza humana.

[23]Kwathi, xa uYesu wayeseJerusalem kwitheko lePasika, abantu abaninzi bakholwa kuye bakubona imimangaliso ayenzayo.

[24]Kodwa uYesu yena ebengathembelanga kubo, kuba ebazi bonke abantu.

[25]Kwakungekho mfuneko yakuba kubekho bani umxelelayo ngomntu, kuba yena ezazi iintliziyo zabantu.

João 3

Jesus instrui Nicodemos acerca do novo nascimento

[1] Havia, entre os fariseus, um homem chamado Nicodemos, membro do supremo tribunal dos judeus.

[2] Ele, de noite, procurou a Jesus e lhe disse: “Rabi, sabemos que és Mestre vindo da parte de Deus; porque ninguém pode fazer esses sinais que estás realizando, se Deus não estiver com ele.”

[3] Jesus respondeu-lhe, declarando: “Em verdade, em verdade te asseguro que, se alguém não nascer de novo, não pode ver o reino de Deus.”

[4] Nicodemos questionou-o: “Como pode um homem nascer, sendo velho? Pode, todavia, entrar pela segunda vez no ventre de sua mãe e nascer novamente?”

[5] Arrazoou Jesus: “Em verdade, em verdade te asseguro: quem não nascer da água e do Espírito não pode entrar no reino de Deus.

[6] O que é nascido da carne é carne; mas o que nasce do Espírito é espírito.

[7] Não te surpreendas pelo fato de Eu te haver dito: ‘deveis nascer de novo.’.

UYohane 3

UYesu ufundisa uNikodimo

[1]Kwakukho inkokheli yamaJuda, egama linguNikodimo. Yona yayiyeyehlelo labaFarasi.

[2]Ngabusuku buthile lo Nikodimo weza kuYesu, wathi: “Mfundisi, siyazi ukuba ungumfundisi ovela kuThixo, kuba akukho bani unako ukuyenza le miqondiso uyenzayo wena, ukuba uThixo akanaye.”

[3]UYesu waphendula wathi kuye: “Ndithi kuwe, inene, akukho namnye unokuxhamla ukulawulwa nguThixo, engathanga azalwe ngokutsha.”

[4]UNikodimo wathi kuye: “Angáthini na ukuzalwa umntu oselemdala? Kaloku akangekhe aphindele esizalweni sikanina, aze azalwe kwakhona.”

[5]Waphendula uYesu, wathi: “Ndithi kuwe, inene, ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nanguMoya kaThixo, akanakulawulwa nguThixo.

[6]Okuzalwa yinyama negazi kuyinyama negazi; okuzalwa nguMoya kunguMoya.

[7]Sukumangaliswa kukuba ndithe kuwe: ‘Nimelwe kukuzalwa ngokutsha.’

[8] O vento sopra onde quer, você escuta o seu som, mas não sabe de onde vem, nem para onde vai; assim ocorre com todos os nascidos do Espírito.”

[9] Replicou-lhe Nicodemos: “Como pode acontecer isso?”

[10] Explicou-lhe Jesus: “Tu és mestre em Israel e não compreendes essas verdades?

[11] Em verdade, em verdade te asseguro que nós dizemos do que conhecemos e testemunhamos do que temos visto; contudo, não acolheis o nosso testemunho.

[12] Se, falando de assuntos da terra, não me credes, como crereis, se vos falar dos celestiais?

[13] Ninguém jamais subiu ao céu, a não ser Aquele que veio do céu: o Filho do homem que está no céu.

[14] Assim como Moisés levantou a serpente no deserto,desse mesmo modo é necessário que o Filho do homem seja levantado,

[15] para que todo o que nele crê não pereça, mas tenha a vida eterna.

[16] Porque Deus amou o mundo de tal maneira que deu o seu Filho Unigênito, para que todo aquele que nele crê não pereça, mas tenha a vida eterna.

[17] Portanto, Deus enviou o seu Filho ao mundo não para condenar o mundo, mas para que o mundo fosse salvo por meio dele.

[18] Quem nele crê não é condenado; mas quem não crê já está condenado, porque não

[8]Umoya uphephezela apho uthanda khona, ùsive isandi sawo, kodwa ùbe ungawazi apho úvela khona nalapho úya khona. Bakwanjalo ke bonke abazelwe nguMoya kaThixo.”

[9]Waphendula uNikodimo esithi: “Ingenzeka njani le nto?”

[10]Waphendula uYesu wathi: “Ungumfundisi omkhulu nje wakwaSirayeli, ungathini ukungazazi ezi zinto?

[11]Ndithi kuwe, inene, sithetha esikwaziyo, singqine esikubonileyo, kanti noko nisuka ningabamkeli ubungqina bethu.

[12]Ukuba ndinixelele izinto zasehlabathini naza anakholwa, nothini ke ukukholwa ndakunixelela izinto zasezulwini?

[13]Akukho namnye wakha wenyuka waya ezulwini, ngaphandle kwalowo wehlayo evela ezulwini, uNyana woLuntu.

[14]“Njengokuba uMosis wayiphakamisayo inyoka entlango, umelwe kukuphakanyiswa kwangokunjalo naye uNyana woLuntu,

[15]ukuze bonke abakholwayo kuye babe nobomi obungonaphakade.

[16]Kaloku uThixo ihlabathi ulithande kangangokuba ude wancama uNyana okuphela kwakhe, ukuze wonke umntu ozinikele kuye ngokupheleleyoangatshabalali, koko abe nobona bomi bungenasiphelo.

[17]Kuba kaloku uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe, koko wamthuma ukuze abe nguMsindisi walo.

[18]“Lowo uzinikelayo kuNyana kaThixo akagwetywa; kodwa lowo ungazinikeliyo

acreditou no Nome do Filho unigênito de Deus.

[19] E o julgamento é este: que a luz veio ao mundo, mas os homens amaram mais as trevas do que a luz, porque as suas obras eram más.

[20] Pois todo aquele que pratica o mal odeia a luz e não se aproxima da luz, temendo que as suas obras sejam expostas.

[21] Mas quem pratica a verdade vem para a luz, para que se veja claramente que as suas obras são realizadas em Deus.”

Outro testemunho de João Batista

[22] Depois disso, Jesus e seus discípulos foram para a terra da Judeia; ali permaneceu com eles e batizava.

[23] E João também estava batizando em Enom, perto de Salim, porque havia ali muitas águas, e o povo vinha para ser batizado.

[24] Porquanto João ainda não tinha sido aprisionado.

[25] Então surgiu uma discussão, entre alguns discípulos de João e os judeus, sobre a purificação.

[26] E se dirigiram a João e lhe disseram: “Rabi, aquele que estava contigo do outro lado do Jordão, de quem tens dado testemunho, está batizando, e todos estão indo ao encontro dele.”

[27] Ao que João esclareceu: “Um homem não pode receber coisa alguma, a não ser que lhe tenha sido dada do céu.

[28] Vós mesmos sois testemunhas do que vos disse: eu não sou o Cristo, mas fui enviado como seu precursor.

selegwetyiwe, kuba engakholwa kuNyana kaThixo okuphela kwakhe.

[19]Imbangi yesi sigwebo nantsi: Ukukhanya kufikile ehlabathini, baza abantu bathanda ubumnyama ngaphezu kokukhanya, kuba izenzo zabo zikhohlakele.

[20]Kakade wonke umenzi wenkohlakalo ukuthiyile ukukhanya. Akasondeli nokusondela ekukhanyeni, hleze izenzo zakhe zivele.

[21]Ke lowo ungowenyaniso uyeza ekukhanyeni, ukuze abonakale ngezenzo zakhe ukuba umthobele uThixo.”

UYohane udedela uYesu

[22]Emva koko uYesu nabafundi bakhe baya kummandla wakwaJuda; waza uYesu waba nexesha ekunye nabo apho, ebhaptiza.

[23]UYohane naye wayebhaptiza e-Enon, kufuphi neSalem, kuba amanzi ebemaninzi apho. Abantu babesiya kuye, ababhaptize.

[24]Ngelo xesha wayengekafakwa entolongweni.

[25]Abafundi bakaYohane bâphikisana nomJuda othile malunga nokuhlanjululwa.

[26]Baya kuYohane ke, bathi kuye: “Mfundisi, laa mntu wayekunye nawe phesheya kweJordan, lowa umngqineleyo, úyabhaptiza, kwaye baya kuye bonke abantu.”

[27]Waphendula uYohane wathi: “Lonke ilungelo analo umntu ulinikwa nguThixo.

[28]Nani ngokwenu ningandingqinela okokuba ndathi: ‘Andinguye mna uKrestu, koko ndingothunywe ngaphambi kwakhe.’

[29] O que tem a noiva é o noivo; o amigo do noivo que lhe serve e o ouve, alegra-se grandemente por causa da voz do noivo. Portanto, essa satisfação já se cumpriu em mim.

[30] É necessário que Ele cresça e que eu diminua.

[31] Quem vem das alturas está acima de todos; aquele que vem da terra é terrestre e fala da terra; quem veio do céu está acima de todos.

[32] Ele testifica o que tem visto e ouvido; mas ninguém aceita o seu testemunho.

[33] Aquele que aceita o seu testemunho, certifica que Deus é verdadeiro.

[34] Pois o enviado de Deus fala as palavras de Deus, porque Deus não dá o Espírito com limitações.

[35] O Pai ama o Filho, e todas as coisas entregou em suas mãos.

[36] Quem crê no Filho tem a vida eterna; aquele que não crê no Filho não verá a vida, mas a ira de Deus permanece sobre ele.”

João 4

A mulher de Samaria

[1] Por isso, quando o Senhor soube que os fariseus ouviram que Ele, Jesus, fazia e batizava mais discípulos que João,

[2] embora Jesus mesmo não batizasse, mas, sim, os seus discípulos,

[3] deixou a Judeia e partiu uma vez mais para a Galileia.

[29]Kaloku umtshakazi ngowomyeni. Ke yena umkhaphi womyeni ulindela ukufika komyeni, aze avuye kunene akuliva izwi lakhe. Ngokukwanjalo luphelele ngoku uvuyo lwam.

[30]Makabaluleke yena, ndinciphe mna.”

Lowo uvela ezulwini

[31]“Lowo uvela phezulu unewonga kunabantu bonke. Lowo uvela ehlabathini ungowasehlabathini, kwaye uthetha okwehlabathi. Lowo uvela ezulwini unewonga kunabantu bonke.

[32]Yena ungqina ngako oko akubonileyo nakuvileyo, kanti noko akukho bani ubamkelayo ubungqina bakhe.

[33]Othe wabamkela ubungqina bakhe uqinisekisa okokuba uThixo uyinyaniso.

[34]Kaloku ethunyiwe nje nguThixo, uthetha amazwi kaThixo, kuba uThixo umnika uMoya wakhe ngokungenamlinganiselo.

[35]UYise uyamthanda uNyana; zonke izinto uzinikele esandleni sakhe.

[36]Othe wakholwa kuNyana, unobomi obungonaphakade. Othe akamthobela uNyana, akayi kubona bomi; ingqumbo kaThixo ihlala ihleli phezu kwakhe.”

UYohane 4

UYesu nomSamariyakazi

[1-2]Naxa uYesu ngokwakhe engazange abhaptize namnye, ingabafundi bakhe ababebhaptiza, abaFarasi beva ukuba uYesu ugqithisile kuYohane ukufumana abafundi ababhaptize.

[3]Ngenxa yoko uYesu wemka kwelakwaJuda, wabuyela kwelaseGalili.

[4] Entretanto, era-lhe necessário atravessar por Samaria.
[5] Assim, chegou a uma cidade de Samaria, chamada Sicar, perto das terras que Jacó dera a seu filho José.
[6] Havia ali a fonte de Jacó. Jesus, todavia, cansado da viagem, sentou-se à beira do poço. Isso aconteceu por volta da hora sexta.
[7] Nisso, uma mulher de Samaria veio tirar água. Pediu-lhe Jesus: “Dá-me um pouco de água para beber.”
[8] Pois seus discípulos haviam ido à cidade comprar alimentos.

[9] Então lhe respondeu a mulher de Samaria: “Como, sendo tu judeu, pedes de beber a mim, uma mulher samaritana?”

[10] Jesus respondeu a ela: “Se conhecesses o dom de Deus e quem é o que te pede: ‘dá-me de beber’, tu lhe pedirias, e Ele te daria água viva.”

[11] Indagou-lhe a mulher: “Senhor, tu não tens com que pegar água, e o poço é fundo; onde tu podes conseguir essa água viva?

[12] Acaso tu és maior do que nosso pai Jacó que nos deu o poço, do qual ele mesmo bebeu e, bem assim, seus filhos e seu gado?”

[13] Jesus afirmou-lhe: “Quem beber dessa água terá sede outra vez;

[14] aquele, porém, que beber da água que Eu lhe der nunca mais terá sede. Ao contrário, a água que Eu lhe der tornar-se-á nele uma fonte de água jorrando para a vida eterna.”

[4]Kwakufuneka acande kwelamaSamariya.
[5]Wafika kwidolophu yaseSamariya ekuthiwa yiSikare, kufuphi nendawo awathi uYakobi wayinika uJosefu unyana wakhe.
[6]Lalilapho iqula likaYakobi, waza wathi uYesu, ediniwe luhambo, wahlala phantsi ngasequleni apho. Kwakusemini emaqanda.
[7]Kwafika umSamariyakazi, eze kukha amanzi, uYesu wathi kuye: “Khawundiphe amanzi, ndisele.”
[8]Abafundi bakhe babengekho, beye kuthenga ukutya edolophini.
[9]Waphendula ke umSamariyakazi wathi kuye: “Ungathini na wena ungumJuda nje, ukuwacela kum amanzi, ndingumSamariya nje mna?” Kaloku amaJuda akanabudlelane namaSamariya.
[10]Waphendula uYesu wathi kuye: “Ukuba ubusazi isipho uThixo afuna ukukupha sona, ùmazi ukuba ngubani na lo ucela amanzi kuwe, ngewucele kuye wena, aze yena akuphe amanzi aphilileyo.”
[11]Umfazi lowo wathi kuye: “Nkosi, akunanto yakukha, nequla linzulu; ungawafumana phi ke amanzi aphilileyo?
[12]Ngaba wena umkhulu na kunokhokho wethu uYakobi, owasinika eli qula, awayesela kulo ngokwakhe kwakunye noonyana bakhe nempahla yakhe?”
[13]Waphendula uYesu wathi kuye: “Bonke abasela kula manzi baya kubuya banxanwe.
[14]Ke yena othe wawasela amanzi endiya kumpha wona mna, soze anxanwe naphakade. Amanzi endiya kumnika wona, aya kuba ngumthombo ompompoza kuye, emnika obona bomi bungenasiphelo.”

[15] A mulher lhe pediu: “Senhor! Dá-me dessa água, para que eu não tenha mais sede, nem precise voltar aqui para tirar água.”

[15]Umfazi wathi kuye: “Nkosi, nam ndiphe loo manzi ukuze ndingabi saphinda ndinxanwe, ndingezi nokuza kukha manzi apha.”

[16] Pediu-lhe Jesus: “Vai, chama teu marido e volta aqui.”

[16]Wathi kuye: “Hamba uye kubiza indoda yakho, nize apha.”

[17] Confessou-lhe a mulher: “Não tenho marido.” Replicou-lhe Jesus: “Respondeste acertadamente, ao dizer que não tens marido;

[17]Waphendula umfazi wathi: “Andinandoda.” UYesu wathi kuye: “Ùnyanisile ukuthi akunandoda,

[18] pois cinco maridos já tiveste, e esse homem com quem tu agora vives não é teu marido; quanto a isso falaste a verdade.”

[18]kuba ubunamadoda amahlanu, nale unayo ngoku asiyoyakho.”

[19] Reconheceu a mulher: “Senhor, eu percebo que tu és um profeta!

[19]Umfazi lowo ke wathi kuye: “Nkosi, ndiyabona okokuba wena ungumshumayeli.

[20] Nossos pais adoravam sobre este monte, mas vós, judeus, dizeis que Jerusalém é o lugar onde se deve adorar.”

[20]Ookhokho bethu, thina maSamariya, babenqula uThixo kule ntaba. Ke nina maJuda nithi iseJerusalem indawo apho abantu bamelwe kukumnqula khona uThixo.”

[21] Declarou Jesus a ela: “Mulher, podes crer-me, está próxima a hora quando nem neste monte, nem em Jerusalém adorareis o Pai.

[21]UYesu wathi kuye: “Ndiyakuxelela, liyeza ixesha ekothi ngalo ningabi samnqula uBawo kule ntaba okanye eJerusalem.

[22] Vós adorais o que não conheceis; nós adoramos o que conhecemos, porque a salvação vem dos judeus.

[22]Nina maSamariya ninqula eningakwaziyo. Thina maJuda sinqula esikwaziyo, kuba kakade kukwaJuda apho usindiso luphuma khona.

[23] Mas a hora está chegando, e de fato já chegou, em que os verdadeiros adoradores adorarão o Pai, em espírito e em verdade; pois são esses que o Pai procura para seus adoradores.

[23]Kodwa kuza ixesha, kwaye selikho, abaya kuthi ngalo abanquli benene bamnqule ngoMoya benyanisile uBawo, kuba uBawo ufuna abantu abamkhonza ngolo hlobo.

[24] Deus é espírito, e é necessário que os seus adoradores o adorem em espírito e em verdade.”

[24]UThixo unguMoya; abo ke bamnqulayo kufuneka bamnqule ngoMoya benyanisekile.”

[25] A mulher disse a Jesus: "Eu sei que o Messias está para vir. Quando Ele vier, Ele nos esclarecerá sobre tudo."
[26] Assegurou-lhe Jesus: "Eu, que te falo, sou o Messias."

A grande colheita

[27] Neste ponto, chegaram os seus discípulos e se admiraram de que estivesse conversando com uma mulher; todavia, ninguém lhe perguntou: "Que queres saber?" Ou: "Por que falas com ela?"

[28] A mulher, então, deixou o seu cântaro, foi à cidade e disse aos homens:
[29] "Vinde e vede um homem que me disse tudo quanto tenho feito. Não seria esse o Cristo?"
[30] Saíram, pois, da cidade e foram para onde Jesus estava.

A ceifa e os ceifeiros

[31] Enquanto isso, os discípulos insistiam com Ele: "Mestre, come!"

[32] Mas Ele lhes disse: "Tenho um alimento para comer que vós não conheceis."
[33] Então os discípulos disseram uns aos outros: "Será que alguém lhe teria trazido algo para comer?"
[34] Explicou-lhes Jesus: "A minha comida consiste em fazer a vontade daquele que me enviou e consumar a sua obra.
[35] Não dizeis vós: 'Ainda há quatro meses até a colheita?'. Eu, porém, vos afirmo: erguei os olhos e vede os campos, pois já estão brancos para a colheita.
[36] Aquele que ceifa recebe o seu salário e colhe fruto para a vida eterna, e assim se alegram juntos o semeador e o ceifeiro.

[25]Loo mfazi wathi kuye: "Ndiyazi ukuba uMesiya, ekuthiwa nguKrestu, uyeza. Wothi ke akufika asixelele konke."
[26]UYesu wathi kuye: "Nguye kanye lo uthetha nawe."

[27]Kwathi ngelo xesha bafika abafundi bakaYesu, bamangaliswa kukuba ethetha nomntu obhinqileyo. Noko akubangakho namnye owathi: "Ufuna ntoni na kuye?" okanye owathi: "Kutheni na ukuba uthethe naye?"
[28]Umfazi lowo ke wayishiya ingqayi yakhe, waya edolophini, wathi ebantwini:
[29]"Yizani nibone; nanku umntu ondixelele zonke izinto endakha ndazenza. Akangebi nguKrestu na?"

[30]Baphuma ke edolophini, baya kuYesu.

[31]Ngeli thuba abafundi bakaYesu babembongoza besithi: "Mfundisi, nantsi into etyiwayo!"
[32]Kodwa yena wathi kubo: "Mna ndinokutya eningakwaziyo nina."

[33]Baza abafundi babuzana besithi: "Ngaba kukho mntu umzisele ukutya na?"

[34]UYesu wathi kubo: "Ukwenza ukuthanda kwalowo undithumileyo kukutya kwam, ndide ndiwufeze umsebenzi wakhe.
[35]"Anitsho na ukuthi: 'Kusele iinyanga ezine, kuvunwe'? Niyabona, ndithi kuni, inene, wakhangeleni kakuhle amasimi; nophawula ukuba akulungele ukuvunwa.

[36]Umvuni seleza kwamkela umvuzo wakhe, evuna isivuno esingabantu abamkela ubomi

obungonaphakade. Ngako oko ohlwayelayo uvuya kunye nalowo uvunayo.

37 Dessa forma, é verdadeiro o ditado: 'Um semeia, e o outro colhe.'.

37Kungoko liyinyaniso iqhalo elithi: 'Kuhlwayela lo, kuvune lowa.'

38 Eu vos enviei para ceifar o que não plantaste. Outros realizaram o cultivo, e vós usufruístes do labor deles."

38Ndinithume ukuvuna oko ningabulalekanga kuko. Kwabulaleka abanye, naza nina natya kwimveliso yabo."

O salvador do mundo

39 Muitos samaritanos daquela cidade creram nele, em virtude da palavra daquela mulher que testemunhara: "Ele me disse tudo quanto tenho feito."

39Into eninzi yamaSamariya aloo dolophu yakholwa kuYesu, yakuva intetho yaloo mfazi ethi: "Undixelele zonke izinto endakha ndazenza."

40 Assim, quando os samaritanos se encontraram com Jesus, insistiram em que se hospedasse com eles, e Ele ficou dois dias.

40Athe ke amaSamariya akufika kuYesu, ambongoza ukuba ahlale nawo; waza wahlala khona apho iintsuku zambini.

41 E muitos outros creram, por causa da sua Palavra.

41Baba baninzi ngakumbi abo bâkholwáyo ngenxa yamazwi kaYesu,

42 Então disseram à mulher: "Agora cremos, não somente por causa do que tu falaste, mas porque nós mesmos o ouvimos e sabemos que este é verdadeiramente o Cristo,o Salvador do mundo."

42baza bathi kumfazi lowo: "Asisakholwa ngenxa yokuthetha kwakho. Thina sikholwa kuba sizivele ngokwethu, saqonda ukuba ngenene lo nguye uMsindisi wehlabathi."

A cura do filho de um oficial do rei

43 Depois daqueles dois dias, Ele partiu dali para a Galileia.

43Emva kweentsuku ezimbini uYesu wemka apho, waya eGalili.

UYesu uphilisa unyana wegosa lakomkhulu

44 O próprio Jesus havia testemunhado que um profeta não tem honra em sua própria terra.

44UYesu ngokwakhe wayetshilo ukuthi umshumayeli akenzelwa mbeko kowabo,

45 Assim, quando chegou à Galileia, os galileus o receberam bem, porque viram todas as coisas que Ele fizera em Jerusalém, por ocasião da festa à qual eles também tinham comparecido.

45kodwa akufika eGalili abantu balapho bamamkela. Babezibonile zonke izinto awazenzáyo kwitheko lePasika eJerusalem, kuba nabo babeyile kweso sidlo.

46 Então Jesus voltou mais uma vez a Caná da Galileia, onde transformara água em vinho. E ali havia um oficial do rei, cujo filho estava doente em Cafarnaum.

46Waphinda uYesu wahambela eKana kwelaseGalili, apho wawaguqulayo amanzi aba yiwayini. Kwakukho igosa elithile

lakomkhulu apho elaligulelwa ngunyana walo eKapernahum.

[47] Quando ele ouviu que Jesus havia chegado à Galileia, vindo da Judeia, dirigiu-se até Ele e lhe implorou que descesse para curar seu filho, que estava a ponto de morrer.

[47]Lakuva ukuba uYesu ufikile eGalili, evela kwelakwaJuda, laya kuye, lambongoza okokuba ehle aye eKapernahum, aphilise unyana walo owayegulela ukufa.

[48] E Jesus lhe disse: “A menos que vejais os sinais e maravilhas, nunca crereis.”

[48]UYesu wathi kulo: “Nina aningekhe nikholwe ukuba anithanga nabona imiqondiso nemimangaliso!”

[49] O oficial do rei disse a Jesus: “Senhor, desce, antes que o meu menino morra!”

[49]Igosa lakomkhulu ke lathi kuye: “Nkosi, nceda uze engekabhubhi umntwana wam.”

[50] Assegurou-lhe Jesus: “Pode seguir, o teu filho vive.” O homem acreditou na palavra de Jesus e partiu.

[50]UYesu wathi kulo: “Goduka; unyana wakho uphilile.” Indoda leyo yakholwa ngamazwi kaYesu, yahamba.

[51] E, quando estava descendo, a caminho, seus servos vieram ao seu encontro e lhe deram a notícia: “Teu filho vive!”

[51]Kwathi isesendleleni yahlangatyezwa zizicaka zayo, zathi: “Unyana wakho uphilile!”

[52] Então, inquiriu deles a hora em que o menino havia melhorado, e eles lhe disseram: “Ontem, à hora sétima, a febre o deixou.”

[52]Yabuza ke ukuba uqale nini na ukuchacha, zaza zathi: “Uchache izolo ngentsimbi yokuqala emva kwemini kuloo mkhuhlane.”

[53] Assim, o pai reconheceu ser aquela a mesma hora em que Jesus lhe dissera: “O teu filho vive.” E creu ele e todos os que viviam em sua casa.

[53]Wakhumbula ke uyise ukuba kwakungêlo xesha kanye uYesu awatsho ngalo kuye ukuthi: “Unyana wakho uphilile.” Lakholwa ke igosa lakomkhulu, yakholwa nendlu yalo yonke.

[54] Esse foi o segundo sinal realizado por Jesus, depois que veio da Judeia para a Galileia.

[54]Lo mqondiso wawenzayo uYesu wawungowesibini emva kokufika kwakhe eGalili evela kwelakwaJuda.

João 5

A cura de um paralítico de Betesda

[1] Algum tempo depois, havia uma festa dos judeus, e Jesus subiu para Jerusalém.

[2] Existe em Jerusalém, perto da Porta das Ovelhas, um tanque, chamado em hebraico Betesda, tendo cinco pavilhões.

UYohane 5

Ukuphiliswa kwesigulana eBhetesda

[1]Kwathi emva koko kwabakho itheko lamaJuda, waza uYesu waya eJerusalem.

[2]EJerusalem kukho ichibi leegusha elibizwa ngokuba yiBhetesda ngesiHebhere. Ngakulo kukho iivaranda ezintlanu.

[3] Nestes, ficava grande multidão de enfermos, cegos, mancos e paralíticos, esperando pelo movimento nas águas.

[3]Kuzo kwakulele into eninzi yezigulane – iimfama, neziqhwala, nabafe amacala. [Zazilinde ukuzanya-zanyiswa kwamanzi,

[4] De certo em certo tempo, descia um anjo do Senhor e agitava as águas. O primeiro que entrasse no tanque, depois de agitadas as águas, era curado de qualquer doença que tivesse.

[4]kuba ngamaxesha athile sasisithi isithunywa seNkosi singene echibini apho, siwazama-zamise amanzi. Sasisithi ke isigulana esingene kuqala echibini emva kokuzanya-zanyiswa kwamanzi, siphile nakusiphi na isifo esasinaso.]

[5] Estava ali um certo homem, enfermo havia trinta e oito anos.

[5]Ke kwakukho ndoda ithile apho, eyayiminyaka imashumi mathathu anesibhozo igula.

[6] Quando Jesus o viu deitado, e sabendo que estava assim havia muito tempo, perguntou-lhe: “Queres ser curado?”

[6]Kwathi uYesu akuyibona ilele apho, esazi nokuba selinexesha elide igula, wathi kuyo: “Uyafuna na ukuphila?”

[7] O homem enfermo queixou-se: “Senhor, não tenho ninguém que me ponha no tanque, quando a água é agitada; pois, enquanto estou indo, desce outro antes de mim.”

[7]Saphendula isigulane sathi: “Nkosi, andinamntu wakundifaka echibini akuba amanzi egxobhekile. Ndithi ndisazama ukungena, ndisuke ndiphangelwe ngomnye.”

[8] Ordenou-lhe Jesus: “Levanta-te, apanha o teu leito e anda.”

[8]UYesu wathi kuso: “Phakama! Thatha ukhuko lwakho, uhambe.”

[9] Imediatamente o homem ficou curado, pegou seu leito e andou. E aquele dia era sábado.

[9]Kwathi kwangoko waphila loo mntu, waluthatha ukhuko lwakhe, wahamba-hamba. Oku kwênzeka ngoMhla wokuPhumla,

[10] Por isso, disseram os judeus ao que fora curado: “É sábado e não te é permitido carregar o leito.”

[10]aza amaJuda athi kulowo waphiliswayo: “KungoMhla wokuPhumla namhlanje; akuvumelekanga ukuba uthwale ukhuko lwakho.”

[11] O homem respondeu a eles: “Aquele que me curou ordenou-me: ‘Apanha o teu leito e anda’!”

[11]Waphendula wathi: “Ondiphilisileyo uthe kum: ‘Thatha ukhuko lwakho, uhambe.’ ”

[12] Então lhe perguntaram: “Quem é o homem que te disse: ‘Apanha o teu leito e anda’?”

[12]Ambuza athi: “Ngubani na lowo uthe kuwe: ‘Thatha ukhuko lwakho, uhambe’?”

[13] Mas o homem que havia sido curado não sabia quem era; pois Jesus tinha se retirado, sendo que havia uma multidão naquele lugar.

[14] Mais tarde, Jesus o encontrou no templo e lhe disse: "Veja que já estás curado; não voltes a pecar, para que não te aconteça coisa pior."

[15] O homem partiu e disse aos judeus que fora Jesus quem o havia curado.

Jesus declara-se Filho de Deus e igual ao Pai

[16] Por essa razão, os judeus perseguiam a Jesus e tentavam matá-lo, pois Ele estava fazendo essas coisas durante o sábado.

[17] Mas Jesus respondeu a eles: "Meu Pai continua trabalhando até agora, e Eu também estou trabalhando."

[18] Por isso, os judeus ainda mais procuravam matá-lo, porque não somente violava o sábado, mas também dizia que Deus era seu Pai, fazendo a si próprio igual a Deus.

[19] Retomando a palavra, explanou Jesus: "Em verdade, em verdade vos asseguro, que o Filho nada pode fazer de si mesmo, mas somente pode fazer o que vê o Pai fazer, pois o que este fizer, o Filho semelhantemente o faz.

[20] Porque o Pai ama o Filho, e lhe mostra todas as coisas que realiza. E maiores obras do que estas lhe mostrará, para que vos maravilheis.

[21] Pois, assim como o Pai ressuscita os mortos e os faz viver, assim também o Filho dá a vida a quem Ele desejar.

[13]Kodwa lowo waphiliswayo wayengamazi okokuba ungubani owamphilisayo, kuba kwakukho abantu abaninzi apho, noYesu wayeselemkile.

[14]Kwathi emva koko uYesu waphinda wadibana naye endlwini kaThixo, wathi: "Khangela, uphilile ngoku. Yahlukana nesono, hleze uhlelwe yinto embi kunale."

[15]Wahamba ke umntu lowo, waya kuwaxelela amaJuda ukuba nguYesu owamphilisayo.

[16]Ngenxa yaloo nto ke amaJuda amchasa uYesu, kuba esenza ezi zinto ngoMhla wokuPhumla.

[17]Wawaphendula ke uYesu wathi: "UBawo uyasebenza kude kube ngoku; nam ke ndiyasebenza."

[18]Oku kwabangela okokuba amaJuda afune ngakumbi ukumbulala uYesu. Wayengachithanga uMhla wawo wokuPhumla kuphela, kodwa wayezilinganise nokuzilinganisa noThixo ngokuthi uThixo unguYise.

Igunya loNyana

[19]Ke ngoko uYesu waziphendulela kumaJuda, wathi: "Ndithi kuni, inene, ayikho into ayenza ngegunya lakhe uNyana; kuphela wenza oko akubona kusenziwa nguYise. Oko akwenzayo uYise, naye uNyana uyakwenza;

[20]kuba uYise uyamthanda uNyana, embonisa zonke izinto azenzayo. Kwaye uya kumbonisa nezenzo ezikhulu kunezi, nitsho nimangaliswe;

[21]kuba kwanjengoko uYise abavusayo abafileyo, abadlise ubomi, ngokunjalo

noNyana ubadlisa ubomi abo athandayo ukubadlisa.

[22] Assim, o Pai a ninguém julga, mas confiou todo o julgamento ao Filho,

[22]Kananjalo uYise akagwebi namnye. Lonke igunya lokugweba ulinika uNyana,

[23] a fim de que todos honrem o Filho exatamente como honram o Pai. Aquele que não honra o Filho não honra o Pai que o enviou.

[23]ukuze bonke bamhlonele uNyana njengoko bamhlonelayo uYise. Lowo ke ungamhlonelanga uNyana, akamhloneli noYise owamthumayo.

[24] Em verdade, em verdade vos asseguro: quem ouve a minha Palavra e crê naquele que me enviou tem a vida eterna, não entra em juízo, mas passou da morte para a vida.

[24]"Ndithi kuni, inene, lowo uwevayo amazwi am, abe ekholwa kulowo undithumileyo, unobomi obungunaphakade. Yena akayi kugwetywa nokugwetywa, kuba selephumile ekufeni wangena ebomini.

[25] Mais uma vez, verdadeiramente vos afirmo: vem a hora, e já chegou, em que os mortos ouvirão a voz do Filho de Deus; e os que a ouvirem viverão.

[25]Ndithi kuni, inene, kuza ixesha, kwaye selifikile, lokuba abasemangcwabeni balive ilizwi loNyana kaThixo, bathi abalivileyo badle ubomi.

[26] Pois, assim como o Pai tem a vida em si mesmo, igualmente outorgou ao Filho ter vida em si mesmo.

[26]UYise, umthombo odlisa ubomi, ukunike noNyana ukudlisa ubomi.

[27] E também lhe deu autoridade para executar julgamento, porque é o Filho do homem.

[27]Kananjalo umnike negunya lokugweba, kuba yena enguNyana woLuntu.

[28] Não vos admireis quanto a isso, pois está chegando a hora em que todos os que repousam nos túmulos ouvirão a sua voz

[28]Musani ukumangaliswa kuko oku, kuba ixesha liyeza abaya kuthi ngalo bonke abasemangcwabeni balive ilizwi lakhe,

[29] e sairão; os que tiverem feito o bem, para a ressurreição da vida, e aqueles que tiverem praticado o mal, para a ressurreição da condenação.

[29]baphume emangcwabeni, bathi abo benze ubulungisa bavukele ebomini, bathi abo benze inkohlakalo bavukele ekugwetyweni."

Ubungqina ngoYesu

[30] Por mim mesmo, nada posso fazer; conforme ouço, assim julgo; e o meu julgamento é justo, porque não busco agradar a meu próprio desejo, mas satisfazer a vontade do Pai que me enviou.

[30]"Mna ngokwam andinakwenza nto. Ndigweba njengoko ndiyalelweyo, kwaye ukugweba kwam kufanelekile, kuba andinanjongo yakwenza ntando yam, koko ndenza ukuthanda kwalowo undithumileyo.

[31] Se Eu der testemunho acerca de mim mesmo, o meu testemunho não será válido.
[32] Há outro que testemunha a meu favor, e Eu sei que o seu testemunho acerca de mim é verdadeiro.
[33] Vós enviastes representantes a João, e ele deu testemunho da verdade.
[34] Eu, entretanto, não busco o testemunho dos homens, mas digo essas verdades para que sejais salvos.
[35] Ele era uma candeia que queimava e iluminava, e vós quisestes, por um momento, rejubilar-vos na sua luz.

[36] Todavia Eu tenho um testemunho maior do que o de João; a própria obra que o Pai me deu para consumar, e que estou realizando, testemunha que o Pai me enviou.

[37] E o Pai que me enviou, Ele mesmo testemunhou sobre mim. Jamais ouvistes a sua voz, nem contemplastes a sua face.

[38] Igualmente não tendes a sua Palavra habitando em vós, porque não credes naquele a quem Ele enviou.
[39] Vós examinais criteriosamente as Escrituras,porque julgais ter nelas a vida eterna, e são elas mesmas que testemunham acerca de mim.
[40] Todavia, vós não quereis vir a mim para terdes a vida.
[41] Eu não aceito honra que procede dos homens.
[42] Mas Eu vos conheço bem e sei que não tendes em vós o amor de Deus.

[31]“Ukuba bendizingqinela ngokwam, ubungqina bam ngebuthandabuzeka.
[32]Kodwa ndinomnye ongqina ngam, kwaye ndiyazi ukuba ubungqina bakhe abuthandabuzeki.
[33]Senathumela kuYohane; ninabo ke ubungqina bakhe mayela nenyaniso.
[34]Anditsho kuba mna ndixhomekeke ekungqinelweni ngumntu, koko nditsho ukuze nina nisindiswe.
[35]UYohane wayesisibane esikhanyisayo, naza nina navuyiswa okwethutyana kukukhanyiselwa nguye.
[36]Kodwa ndinabo ubungqina obungaphezulu kobo bukaYohane, kuba imisebenzi andithumileyo uBawo ukuba ndiyifeze, ezi zinto kanye ndizenzayo, ziyandingqinela ukuba ndithunywe nguBawo.
[37]NoBawo ngokwakhe, yena lowo undithumileyo, ungqinile ngam, nangona nina ningazange nilive ilizwi lakhe, ningazange nimbone nokumbona.

[38]Ilizwi lakhe alibanga nandawo yakuhlala kuni, kuba anikholwa kulowo amthumileyo.

[39]Niyaziphengulula iziBhalo, nizicingela okokuba ninobomi obungonaphakade ngokuzifunda; kanti zona zingqina ngam,

[40]kodwa nina anifuni ukuza kum ukuze nibe nabo obo bomi.

[41]“Mna andinanze kunconywa ngabantu;

[42]kodwa nina niyakufuna, kuba kaloku ukumthanda uThixo akukho kuni.

[43] Eu vim em Nome de meu Pai, e vós não me recebeis. Se outro vier em seu próprio nome, declaro-vos que o recebereis.

[44] Como podeis crer, vós que recebeis honra uns dos outros, mas não buscais a glória que vem do Deus único?

[45] Não penseis que Eu vos acusarei diante do Pai. Quem vos acusa é Moisés, em quem tendes depositado a vossa esperança.

[46] Todavia, se de fato crêsseis em Moisés, de igual modo haveríeis de crer em mim, pois foi a meu respeito que ele escreveu.

[47] Mas, se não credes em seus escritos, como crereis em minhas palavras?”

João 6

A multiplicação dos pães e peixes

[1] Passado algum tempo, Jesus foi para a outra margem do mar da Galileia, que é o mar de Tiberíades.

[2] Então, uma grande multidão o seguia, porque tinham visto os sinais que Ele realizava nos enfermos.

[3] E Jesus subiu ao monte, e sentou-se ali com seus discípulos.

[4] Ora, a Páscoa, uma festa dos judeus, estava próxima.

[5] Jesus ergueu os olhos e, vendo uma grande multidão que vinha em sua direção, disse a Filipe: “Onde compraremos pães para lhes dar a comer?”

[6] Mas disse isso apenas para o provar, pois Ele bem sabia o que ia fazer.

[43]Mna ndize ndigunyaziswe nguBawo, kodwa nina anindamkelanga. Ukuba ubani uthe weza ngelilelakhe igunya niya kumamkela!

[44]Beninokuthini kakade ukukholwa njengokuba nisemva kokuncomana nje, ningakukhathalelanga ukunconywa ngulowo unguThixo yedwa?

[45]Kodwa ke ze ningabi niya kumangalelwa ndim kuBawo. Ummangaleli wenu nguMosis, lowo nithembele kuye.

[46]Kaloku ukuba benikwamkela okubhalwe nguMosis, ngenindamkela nam, kuba uMosis wabhala ngam.

[47]Ke ukuba anikwamkeli oko wakubhalayo uMosis, beningathini kakade ukuwamkela amazwi am?”

UYohane 6

UYesu wandisa ukutya

(Mat 14:13-21; Marko 6:30-44; Luka 9:10-17)

[1]Kwathi emva koko uYesu waya ngaphesheya koLwandle lwaseGalili, olo lukwabizwa ngokuba luLwandle lwaseTibheriya.

[2]Wayelandelwe sisihlwele esikhulu, kuba abantu babeyibonile imiqondiso awayenzayo ngokuphilisa abagulayo.

[3]UYesu wenyuka endulini, waza wahlala phantsi nabafundi bakhe.

[4]Lalisondela itheko lamaJuda ekuthiwa yiPasika.

[5]Kwathi uYesu akukhangela, wabona isihlwele esikhulu sisiza kuye, waza wathi kuFilipu: “Ngaba sinokusithenga phi na isonka esaneleyo sokutyisa le ndimbane?”

[6]Esitsho nje, wayevavanya uFilipu, kuba yena wayekwazi oko aza kukwenza.

7 Filipe lhe respondeu: “Duzentos denários não seriam suficientes para que cada um recebesse um pequeno pedaço de pão.”

8 Um de seus discípulos, André, irmão de Simão Pedro, disse a Jesus:

9 “Há aqui um rapaz com cinco pães de cevada e dois peixes pequenos; mas de que servem no meio de tanta gente?”

10 Então Jesus disse: “Fazei que o povo se assente”; pois havia muita grama naquele lugar. Assim, assentaram-se os homens em número de quase cinco mil.

11 Jesus pegou os pães e, tendo dado graças, repartiu-os entre os discípulos,e para os que estavam assentados; e da mesma maneira se fez com os peixes, tanto quanto desejaram.

12 E quando estavam fartos, disse Jesus aos seus discípulos: “Recolhei os pedaços que sobraram, para que nada se perca.”

13 Assim sendo, eles os ajuntaram e encheram doze cestos com os pedaços dos cinco pães de cevada, deixados por aqueles que haviam comido.

14 Então, vendo aqueles homens o sinal que Jesus havia realizado, disseram: “Este é, verdadeiramente, o Profeta que devia vir ao mundo.”

15 Percebendo, então, Jesus, que estavam prestes a vir e levá-lo à força para o proclamarem rei, retirou-se novamente, sozinho, para o monte.

Jesus anda sobre o mar

16 Ao anoitecer, seus discípulos desceram para o mar.

7Waphendula uFilipu, wathi: “Ngathi nesonka samakhulu amabini eerandi asingekhe sanele okokuba wonke okhoyo afumane iqhekezana.”

8Omnye wabafundi bakaYesu, uAndreya, umntakwabo-Simon Petros, wathi kuye:

9“Kukho inkwenkwana apha enezonka ezihlanu zerhasi, neentlanzi ezimbini; kodwa kuyintoni na oko kule ngінginya yabantu?”

10Waza uYesu wathi: “Bahlaliseni phantsi abantu.” Kwakukho ibala elikhulu elinengca apho, baza bahlala phantsi. Inani lamadoda lalikumawaka amahlanu.

11Wazithatha ke uYesu ezo zonka, wabulela kuThixo, wababela abantu ababehleli phantsi. Wenjenjalo nakwiintlanzi, baza batya banela.

12Bakuhlutha abantu, uYesu wathi kubafundi bakhe: “Qokelelani okuseleyo. Makungabikho nentwana emoshakalayo.”

13Bawaqokelela ke amaqhekeza aseleyo ezo zonka zihlanu zerhasi, kwazala iingobozi ezilishumi elinambini.

14Bakuwubona abantu lo mqondiso uYesu awenzileyo, bathi: “Ngenene, kuthe kanti nguye lo umshumayeli obekade elindelwe!”

15Waqonda uYesu okokuba bazimisele ukuza kumthatha bamenze ukumkani, waza wemka, waya entabeni eyedwa.

UYesu uhamba phezu kwamanzi

(Mat 14:22-33; Marko 6:45-52)

16Kwathi kwakuhlwa abafundi bakaYesu behla baya elwandle,

[17] Entraram num barco e passaram para o outro lado, rumo a Cafarnaum. Já estava escuro, e Jesus ainda não havia chegado até eles.

[18] O mar agitava-se devido ao forte vento que soprava.

[19] Quando eles haviam remado uns vinte e cinco a trinta estádios, viram Jesus aproximando-se do barco, andando sobre o mar, e ficaram amedrontados.

[20] Mas Ele tranquilizou-os dizendo: "Sou eu! Não temais."

[21] Então, eles, de boa vontade, o receberam no barco, e imediatamente chegaram à praia para a qual se dirigiam.

Jesus é o pão da vida para os que creem

[22] No dia seguinte, as pessoas que ficaram do outro lado do mar viram que ali não havia senão um barco e Jesus não havia entrado nele com seus discípulos, mas que eles tinham partido sós.

[23] Entretanto, outros barcos chegaram de Tiberíades, próximo do lugar onde o povo havia comido o pão, após o Senhor haver dado graças.

[24] Quando as pessoas da multidão perceberam que Jesus não estava ali nem seus discípulos, entraram em seus barcos e partiram para Cafarnaum à procura de Jesus.

[25] E, tendo-o encontrado do outro lado do mar, perguntaram-lhe: "Mestre, quando chegaste aqui?"

[26] Jesus respondeu a eles assim: "Em verdade, em verdade vos afirmo: vós me

[17]bakhwela isikhitshana, baluwela ulwandle, besiya eKapernahum. Nangona kwakusebusuku uYesu wayengekho kubo.

[18]Amanzi olwandle ayesilwa, kuba kwakuvuthuza umoya.

[19]Kwathi, bakuba begqibe iikhilomitha ezintlanu okanye ezintandathu bebheqa isikhitshana, babona nanko uYesu ehamba phezu kwamanzi olwandle, esondela. Boyika ke,

[20]kodwa uYesu wathi kubo: "Ndim; sanukoyika."

[21]Bamamkela ke esikhitshaneni, kwathi kwangoko isikhitshana safika kuloo ndawo babesiya kuyo.

UYesu usisonka sobomi

[22]Ngengomso indimbane yabantu yayisekho ngaphesheya koLwandle lwaseGalili. Abantu aba babebone isikhitshana sasinye kuphela, baye babesazi okokuba uYesu wayengakhwelanga nabafundi bakhe, kuba bona babehambe bebodwa.

[23]Kodwa ezinye izikhitshana, ezazivela eTibheriya, zafika ngakuloo ndawo isihlwele sasityela kuyo isonka emva kokuba iNkosi yayibulele.

[24]Yakubona ke indimbane okokuba uYesu akakho apho, bengekho nabafundi bakhe, yakhwela kwezo zikhitshana, yaya kumfuna eKapernahum.

[25]Abo bantu bamfumana uYesu ngaphesheya kolwandle, bathi kuye: "Mfundisi, ngaba ufike nini na apha?"

[26]Waphendula uYesu wathi: "Ndithi kuni, inene, anizanga kundifuna kuba nibone

buscais não porque vistes os sinais, mas porque comestes os pães e vos fartastes.

[27] Trabalhai, não pelo alimento que se perde, mas pela comida que permanece para a vida eterna, alimento que o Filho do homem vos dará; pois Deus, o Pai, colocou o seu selosobre Ele.”

[28] Então, eles questionaram a Jesus: “O que faremos para realizar as obras de Deus?”

[29] Jesus lhes asseverou: “A obra de Deus é esta: que creiais naquele que por Ele foi enviado.”

[30] Por esse motivo o desafiaram: “Que sinal poderás realizar para que o vejamos e creiamos em ti? Que obra farás?

[31] Nossos pais comeram o maná no deserto; como está escrito: ‘Ele lhes deu a comer pão do céu’.”

[32] Respondeu-lhes, então, Jesus: “Em verdade, em verdade vos asseguro: não foi Moisés quem vos deu o Pão do céu; mas é meu Pai quem vos dá o verdadeiro pão do céu.

[33] Pois o pão de Deus é o que desce do céu e dá vida ao mundo.”

[34] Então, eles pediram a Jesus: “Senhor, dá-nos sempre desse pão.”

[35] Diante disso, Jesus ministrou-lhes: “Eu sou o Pão da Vida; aquele que vem a mim jamais terá fome, e aquele que crê em mim jamais terá sede.

[36] Todavia, como Eu vos disse, embora me tenhais visto, ainda não credes.

imiqondiso endiyenzayo; nindifuna kuba nitye esaa sonka nahlutha.

[27]Sanukusebenzela ukutya okuphelayo; sebenzelani ukutya okungapheliyo, okusisondlo sobona bomi bungenasiphelo. Oko kutya niya kukunikwa nguye uNyana woLuntu, kuba uYise, uThixo, wamgunyazisela oko.”

[28]Ke ngoko bathi kuye: “Misebenzi mini uThixo afuna siyenze?”

[29]Waphendula uYesu, wathi kubo: “Umsebenzi uThixo afuna niwenze ngulo wokuba nizinikele nikholwe kulowo uThixo amthumileyo.”

[30]Ke bona bathi kuye: “Wena ngaba wenza mqondiso mni na, ukuze sibone sikholwe kuwe? Yintoni oyenzayo?

[31]Oobawo bâtya imana entlango, njengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: ‘Wabanika batya isonka esivela ezulwini.’ ”

[32]Wathi ke uYesu kubo: “Ndithi kuni, inene, asinguye uMosis owaninika isonka esivela ezulwini; nguBawo oninika esona sonka sisiso esivela ezulwini.

[33]Isonka esivela kuThixo ngulowo wehlayo evela ezulwini, eze kulinika ubomi ihlabathi.”

[34]Baza bathi kuye: “Nkosi, uzungadinwa nanini na ukusipha eso sonka.”

[35]Wathi kubo uYesu: “Ndim isonka sobomi. Ozayo kum akasoze alambe, nokholwayo kum akasoze anxanwe.

[36]“Ke nina, njengoko senditshilo, nindibonile nokundibona, naza noko anakholwa.

37 Todo aquele que o Pai me der, esse virá a mim; e o que vem a mim, de maneira alguma o excluirei.

38 Pois Eu desci do céu, não para fazer a minha própria vontade, mas a vontade daquele que me enviou.

39 E esta é a vontade do Pai, o qual me enviou: que Eu não perca nenhum de todos os que Ele me deu, mas que Eu os ressuscite no último dia.

40 De fato, esta é a vontade daquele que me enviou: que todo aquele que vir o Filho e nele crer tenha a vida eterna, e Eu o ressuscitarei no último dia."

Jesus não é compreendido

41 Então, os judeus começaram a se queixar dele, porque dissera: "Eu sou o pão que desceu do céu."

42 E comentavam: "Não é este Jesus, o filho de José? Cujo pai e mãe nós conhecemos? Como pode então Ele dizer: 'Eu desci do céu'?"

43 Por essa razão Jesus assim respondeu-lhes: "Não murmureis entre vós.

44 Ninguém pode vir a mim a menos que o Pai, o qual me enviou, o atrair; e Eu o ressuscitarei no último dia.

45 Está escrito nos Profetas: 'E serão todos ensinados por Deus'. Sendo assim, todo aquele que ouve o Pai e dele aprende, vem a mim.

46 Não que alguém tenha visto o Pai, a não ser Aquele que vem de Deus. Só Ele viu o Pai.

37Bonke endibanikwe nguBawo, baya kuza kum. Ke lowo uzayo kum andingekhe ndingamamkeli,

38kuba ndehla ezulwini ndingezanga kwenza eyam intando, koko ndize kwenza intando yalowo wandithumayo.

39Intando yalowo wandithumayo kukuthi kungalahleki namnye kwabo andinika bona, koko ndibavuse ekufeni bonke ngomhla wokugqibela.

40Okufunwa nguBawo kukuba wonke ombonayo uNyana akholwe kuye, abe nobomi obungapheliyo; ndaye ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela."

41Aza amaJuda ambombozela, kuba uYesu ethe nguye isonka esehla sivela ezulwini,

42athi: "Lo mfo akanguye na uYesu, unyana kaJosefu? Sibazi nje ke abazali bakhe, angathini ngoku ukuthi wehla ezulwini?"

43Waphendula uYesu wathi: "Sanukundikrokrela.

44Akukho namnye unokuza kum engathanga uBawo owandithumayo amtsalele kum; kwaye lowo ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela.

45 Abashumayeli bâbhala bathi: 'Bonke baya kuba ngabafundisiweyo nguThixo.' Bonke ke abathe bamphulaphula uBawo, baza bafunda kuye, bayeza kum.

46Xa nditshoyo ke andithethi ukuthi kukho bani wakha wambona uBawo. Akukho namnye wakha wambona uBawo, ngaphandle kwalowo uvela kuThixo.

[47] Em verdade, em verdade vos asseguro: aquele que crê em mim tem a vida eterna.

[48] Eu sou o Pão da Vida.

[49] Vossos pais comeram o maná no deserto e estão mortos.

[50] Este é o pão que desce do céu, para que todo o que dele comer não morra.

[51] Eu sou o Pão Vivo que desceu do céu; se alguém comer deste pão, viverá eternamente; e o pão que deverei dar pela vida do mundo é a minha carne.”

[52] Houve, então, grande discussão entre os judeus e esbravejavam uns com os outros: “Como pode este homem dar-nos a comer a sua própria carne?”

[53] Então Jesus os advertiu: “Em verdade, em verdade vos afirmo: se não comerdes a carne do Filho do homem e não beberdes o seu sangue, não tereis a vida dentro de vós.

[54] Todo aquele que comer a minha carne e beber o meu sangue tem vida eterna, e Eu o ressuscitarei no último dia.

[55] Pois a minha carne é verdadeira comida, e meu sangue é verdadeira bebida.

[56] Aquele que come a minha carne e bebe meu sangue permanece em mim, e Eu nele.

[57] Assim como o Pai, que vive, me enviou e Eu vivo por causa do Pai, assim aquele que se alimenta de mim viverá por minha causa.

[58] Este é o pão que desceu do céu. De modo algum comparável ao maná comido por vossos pais, que agora estão mortos. Aquele que comer deste Pão viverá para sempre.”

[47]“Ndithi kuni, inene, lowo ukholwayo unabo ubomi obungapheliyo.

[48]Ndim isonka sobomi.

[49]Ooyihlo batya imana entlango, kodwa bafa.

[50]Ke sona isonka esihla ezulwini, seso athi ubani akusitya, angafi.

[51]Ndim isonka esinobomi, esihlileyo sivela ezulwini. Ukuba ubani uthe wasitya esi sonka, wophila ngonaphakade. Isonka endiya kumnika sona ngumzimba wam, endiwunikelayo ukuze ihlabathi liphile.”

[52]AmaJuda ke aphikisana ngamandla, esithi: “Angathini lo mfo ukusityisa umzimba wakhe?”

[53]Waza uYesu wathi kuwo: “Ndithi kuni, inene, ukuba anithanga niwutye umzimba wakhe uNyana woLuntu, nilisele negazi lakhe, aninabo ubomi.

[54]Lowo uwutyayo umzimba wam, alisele negazi lam, unobomi obungonaphakade, ndaye ndiya kumvusa ekufeni ngomhla wokugqibela.

[55]Umzimba wam kokona kutya, negazi lam sesona siselo.

[56]Lowo uwutyayo umzimba wam, alisele negazi lam, yena uhlala kum, nam ndihlala kuye.

[57]UBawo uSobomi wandithuma, ndaza ndangonobomi ngaye. Ngokukwanjalo othe wawutya umzimba wam uya kuba nobomi ngam.

[58]Siso ke eso isonka esehla sivela ezulwini; sibe singafani nesiya ooyihlo bâsityayo, baza bafa noko. Osityayo esi sonka wodla ubomi ngonaphakade.”

[59] Essas verdades disse Jesus, enquanto ensinava na sinagoga em Cafarnaum.

Jesus é abandonado por muitos discípulos. A confissão de Pedro

[60] Portanto, muitos dos seus discípulos, ao ouvirem isso, disseram: "Dura é essa declaração. Quem poderá compreendê-la?"

[61] Quando Jesus percebeu, em seu íntimo, que seus discípulos estavam murmurando por causa de suas palavras, inquiriu-os: "Isso vos escandaliza?

[62] O que acontecerá quando virdes o Filho do homem ascender para o lugar onde estava antes?

[63] É o Espírito quem dá vida; a carne em nada se aproveita; as palavras que Eu vos tenho dito são Espírito e são vida.

[64] Entretanto, existem alguns de vós que não crêem." Pois Jesus sabia, desde o princípio, quais eram os que não criam e quem o iria trair.

[65] E continuou: "É por isso que Eu vos tenho dito que ninguém pode vir a mim, a não ser que isso lhe seja concedido por meu Pai."

[66] Daquele momento em diante, muitos dos seus discípulos recuaram e não mais andaram com Ele.

[67] Então Jesus interpelou os doze: "Vós também desejais ir embora?"

[68] Mas Simão Pedro respondeu a Ele: "Senhor, para quem iremos? Tu tens as palavras de vida eterna.

Amazwi obomi obungenasiphelo

[59]Ezi zinto uYesu wazithetha xa wayefundisa eKapernahum endlwini yesikhungo.

[60]Bathi bakuziva, abaninzi kubafundi bakhe bathi: "Iyaxakanisa le ntetho. Ngubani onokuyinyamezela le nto?"

[61]UYesu wayesazi ukuba abafundi bakhe bayakrokra, waza wathi kubo: "Iyanikhubekisa le ndawo?

[62]Ngaba nothini na nakumbona uNyana woLuntu enyukela apho wayevela khona?

[63]NguMoya onika ubomi; ke wona amandla omntu akancedi lutho ekunikeni ubomi. Amazwi endiwathethileyo kuni ngakaMoya, anika ubomi.

[64]Kanti ke noko basekho kuni abangakholwayo." Kaloku uYesu wayebazi kwangaphambili abo bangakholwayo, emazi kwanalowo wayeza kumngcatsha.

[65]Waza ke wathi: "Kungoko nditshilo kuni ukuthi akukho namnye unokuza kum engakunikwanga nguBawo ukwenjenjalo."

[66]Ukususela ngoko into eninzi yabafundi bakaYesu yarhoxa, ayaba sahamba naye.

[67]Wathi ke uYesu kwabo bafundi bakhe balishumi elinambini: "Nithini na nina? Ngaba nani nifuna ukumka?"

[68]Waza waphendula uSimon Petros wathi: "Nkosi, singaya kubani, inguwe nje onamazwi angawobomi obungapheliyo?

[69] Sendo assim, nós temos crido e reconhecido que Tu és o Cristo, o Filho do Deus Vivo."

[70] Então Jesus acrescentou: "Não vos escolhi, Eu, aos doze? Todavia, um dentre vós é um diabo."

[71] Falava de Judas, o filho de Simão Iscariotes. Este, ainda que fosse um dos doze, mais tarde o haveria de trair.

João 7

A incredulidade dos irmãos de Jesus

[1] Depois desses fatos, Jesus andou pela Galileia, porque não queria passar pela Judeia, pois os judeus procuravam matá-lo.
[2] Nessa ocasião, a festa judaica dos Tabernáculos estava próxima.
[3] Sendo assim, os irmãos de Jesus lhe disseram: "Parte deste lugar e vai para a Judeia, para que os teus discípulos, semelhantemente, vejam as obras que fazes.
[4] Porque ninguém age às ocultas enquanto procura ser publicamente reconhecido. Se realizas estas obras, manifesta-te ao mundo."
[5] Pois nem mesmo seus irmãos acreditavam nele.
[6] Então Jesus lhes afirmou: "O meu tempo ainda não chegou; para vós, porém, qualquer hora é correta.
[7] O mundo não pode odiar-vos, mas odeia a mim, pois Eu dou testemunho de que suas obras são más.

[8] Podeis vós subir à festa. Eu, neste momento, não subo para essa festa, porque

[69]Thina siyakholwa sisazi okokuba nguwe onguYedwa kaThixo."

[70]Wabaphendula uYesu wathi: "Beninganyulwanga ndim na, nina balishumi elinambini? Kanti omnye kuni aba ungumtyholi."
[71]Wayethetha uJudas, unyana kaSimon Sikariyoti, kuba nangona wayengomnye wabafundi abalishumi elinambini, wayeza kungcatsha uYesu.

UYohane 7

Ukungakholwa kwabantakwabo-Yesu

[1]Emva koko uYesu wehla enyuka neGalili. Wayengathandi ukuya kwelakwaJuda, kuba amaJuda ayefuna ukumbulala.
[2]Lalisondele itheko lamaJuda ekuthiwa litheko lamaphempe,
[3]baza bathi kuye abantakwabo: "Khawumke apha, uye kwelakwaJuda, ukuze nabo abafundi bakho abalapho bazibone izinto ozenzayo.
[4]Kaloku umntu ofuna okokuba into ayenzayo yaziwe, akayenzi ngasese. Ukuba uyazenza ezi zinto, zenze zibonwe lihlabathi lonke."
[5]Babesitsho abantakwabo-Yesu kuba nkqu bona babengakholwa kuye.

[6]Wathi kubo uYesu: "Nina ningaya nanini na, kodwa elam ithuba lokuya alikafiki.

[7]Abantu beli hlabathi bandithiyile mna, kuba ndisoloko ndiyihlaba imikhwa yabo emibi, kodwa nina bayanithanda.
[8]Ningaya nina ethekweni apho, kodwa mna andiyi, kuba ayikabi lothuba lifanelekileyo eli kum."

o meu tempo apropriado ainda não chegou por completo.”

[9] E tendo dito essas palavras a eles, permaneceu na Galileia.

Jesus ensina no templo na Festa dos Tabernáculos. Dissensão entre os judeus

[10] Mas, após seus irmãos terem subido, então, Ele também subiu para a festa, não abertamente, mas em segredo.

[11] Então, os judeus o procuravam na festa e especulavam: “Onde estará le?”

[12] E havia grande murmuração entre o povo a respeito dele. Alguns comentavam: “Ele é bom.” E outros: “Não, ao contrário, Ele ilude o povo.”

[13] Todavia, ninguém falava dele em público, por medo dos judeus.

[14] Assim, próximo ao meio da festa, Jesus subiu ao templo e ensinava.

[15] E os judeus, maravilhados, diziam: “Como sabe este homem letras, sem nunca ter estudado?”

[16] Respondeu-lhes Jesus: “A minha doutrina não é minha, e sim, daquele que me enviou.

[17] Se alguém desejar fazer a vontade dele, conhecerá a respeito da doutrina, se ela vem de Deus ou se Eu falo por minha própria autoridade.

[18] Aquele que fala por si mesmo está procurando a sua própria glória; mas o que procura a glória de quem o enviou, esse é verdadeiro, e nele não há injustiça.

[19] Não foi Moisés quem vos deu a Lei? Entretanto, nenhum de vós pratica a Lei. Por que procurais matar-me?”

[20] Contestou o povo: “Tu estás com um demônio! Quem está procurando matar-te?”

[9]Akuba etshilo wasala eGalili.

UYesu kwitheko lamaphempe

[10]Bakuba bemkile abantakwabo-Yesu ukuya ethekweni apho, naye waya khona, phofu wahamba ngokuzimela.

[11]AmaJuda ayemfuna apho ethekweni, emana ebuzisa ngaye.

[12]Kwakugqugulwa ngaye, kukho abathi: “Yindoda leya;” kukho nabathi: “Hayi bo, uyabalahlekisa abantu.”

[13]Noko akuzange kubekho bani uthetha ngaye ekuhleni, kuba babesoyika amaJuda.

[14]Kwathi itheko selishushu, uYesu waya endlwini kaThixo, wafundisa.

[15]Amangaliswa amaJuda, athi: “Ngaba lo mntu uluthathe phi lonke olu lwazi, engafundanga nje?”

[16]Waza uYesu wawaphendula wathi: “Le mfundiso ndiyifundisayo asiyoyam, koko ivela kulowo undithumileyo.

[17]Lowo uyenzayo intando kaThixo, uya kuqonda ukuba andithethi okukokwam, koko ndifundisa okuphuma kuThixo.

[18]Othetha okukokwakhe uzifunela olwakhe udumo; ke yena ofuna udumo lwalowo umthumileyo unyanisekile, akukho nkohliso kuye.

[19]Akaniwiselanga umthetho na uMosis? Kanti akukho namnye kuni uwuthobeleyo. Kungani na ukuba nifune ukundibulala?”

[20]Abantu baphendula bathi: “Uphambene! Ngubani ofuna ukukubulala?”

[21] Jesus respondeu a eles, dizendo: “Realizei só uma obra, e todos vos assombrais.

[22] Por causa de Moisés vos haver dado a circuncisão , vós circuncidais um homem no sábado.

[23] E, se um homem pode receber a circuncisão no sábado, para que a Lei de Moisés não seja quebrada, por que vos irais contra mim por Eu ter curado completamente um homem no sábado?

[24] Não julgueis de acordo com a aparência, mas decidi com justos julgamentos.” Jesus é o Messias!

[25] Então, alguns de Jerusalém diziam: “Não é este aquele a quem procuram matar?

[26] Mas observai! Ele fala atrevidamente, e eles não lhe dizem nada. Será que as autoridades reconhecem que Ele é verdadeiramente o Messias?

[27] Entretanto, nós sabemos de onde é este homem; quando o Cristo vier, ninguém saberá de onde Ele é.”

[28] Então Jesus, enquanto ensinava no templo, proclamou: “Vós não somente me conheceis, como também sabeis de onde Eu Sou; e não vim porque Eu, de mim mesmo, o desejasse, mas Aquele que me enviou é verdadeiro; Aquele a quem vós não conheceis.

[29] Mas Eu o conheço, porque venho dele e por Ele fui enviado.”

[21]Waphendula uYesu, wathi kubo: “Ndenze into yanye ngoMhla woPhumlo, naza namangaliswa nonke.

[22]Khaniphawule le ndawo ngolwaluko lwesiJuda: Ulwaluko lwaqalwa ngamanyange, waza noMosis wawisa umthetho wokuba lubekho. Ngoko niyalùsa nangoMhla wokuPhumla.

[23]Ukuba ke umntwana oyinkwenkwe niyamalùsa ngoMhla woPhumlo, ngenxa yokuba nifuna ukugcina umthetho kaMosis, kutheni ke ukuba nikhathazeke kuba ndithe ndaphilisa umntu?

[24]Sanukugweba ngokwembonakalo; gwebani ngobulungisa.”

Ngaba nguKrestu lo?

[25]Abanye abantu baseJerusalem babesithi: “Ngaba asinguye na lo bafuna ukumbulala?

[26]Kanti nanko ethetha ekuhleni, kungekho bani ubhekisa nento le kuye! Ngaba iinkokheli ziqondile okokuba ngokwenyani lo nguKrestu?

[27]Angathini na lo ukuba nguKrestu simazi nje apho avela khona? UKrestu akufika akuyi kubakho bani waziyo apho avela khona.”

[28]Watsho ngelivakalayo uYesu, efundisa endlwini kaThixo, wathi: “Niba niyandazi, nisazi nalapho ndivela khona! Mna andizizelanga ngokwam. Ndithunywe ngulowo uyinyaniso. Ke nina animazi,

[29]kodwa mna ndiyamazi, kuba ndivela kuye, ndithunywe nguye.”

[30] Por isso, procuravam prendê-lo; mas ninguém lhe pôs a mão, pois ainda não era chegada a sua hora.

[31] E muitos que estavam na multidão, acreditaram nele e afirmaram: “Quando o Cristo vier, fará, porventura, mais sinais do que esses feitos por este homem?”

Jesus e os líderes religiosos

[32] Os fariseus ouviram a multidão fomentando esses comentários a respeito dele. Então os chefes dos sacerdotes e os fariseus enviaram guardas do templo para o prenderem.

[33] Exclamou, então, Jesus: “Eu ainda estarei convosco por pouco tempo e logo irei para Aquele que me enviou.

[34] Vós procurareis por mim, mas não me encontrareis; e onde Eu estou vós não podeis chegar.”

[35] Então os judeus comentaram entre si: “Para onde Ele pretende ir, que não o possamos encontrar? Planeja ir para a Dispersão entre os gregos, para ensinar a eles?

[36] Qual é o significado do que Ele disse: ‘Vós procurareis por mim, mas não me encontrareis; e onde Eu estou vós não podeis chegar’?”

A promessa do Espírito Santo

[37] No último dia, o mais solene dia da festa, Jesus colocou-se em pé e clamou em pranto: “Se alguém tem sede, deixai-o vir a mim para que beba.

[38] Aquele que crê em mim, como diz a Escritura, do seu interior fluirão rios de água viva.”

[39] Mas Ele se referiu ao Espírito que, mais tarde, receberiam os que nele cressem; pois

[30]Babefuna ukumbamba, kodwa akubangakho bani umchukumisayo, kuba lalingekafiki ixesha.

[31]Kodwa abantu abaninzi bâkholwa kuye, besithi: “Xa athe wafika uKrestu, ngaba ebenokwenza imiqondiso engaphezulu na kunale yenziwe ngulo?”

Ilinge lokubamba uYesu

[32] AbaFarasi babeva abantu bethetha ngasese ngoYesu, baza bona nababingeleli abaziintloko bathuma abagadi bendlu kaThixo ukuba bambambe.

[33]Waza uYesu wathi: “Ndisaza kuba nani ithutyana, ndize ndimke, ndiye kulowo undithumileyo.

[34]Niya kundifuna ke, ningandifumani, kuba nina aninako ukuya apho ndiya khona.”

[35]Aza amaJuda abuzana esithi: “Ngaba bethu uza kuya phi, ze ke singabi nako ukumfumana? Ngaba uzimisele ukuya kumaJuda athe saa kwelamaGrike, aze afundise amaGrike?

[36]Ngaba uthetha ukuthini xa athi: ‘Niya kundifuna ningandifumani, kuba nina aninako ukuya apho ndiya khona’?”

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

[37]Ngosuku lokugqibela, olo ke lulolona lubalulekileyo lwetheko, wema uYesu, wathetha ngelivakalayo esithi: “Onxaniweyo makeze kum asele.

[38] IziBhalo zithi kuya kugqabhuka imisinga yamanzi aphilisayo embilinini walowo ukholwayo kum. ”

[39]UYesu wayithetha le nto esingisele kuMoya ababeya kumamkela abo

o Espírito Santo até aquele momento não fora concedido, porque Jesus não havia sido ainda glorificado.

Quem é Jesus Cristo?

40 Então, muitos dentre a multidão, quando ouviram essas palavras, disseram: "Verdadeiramente este é o Profeta."

41 Outros concluíram: "Este é o Messias." Mas, alguns divergiram: "Como pode o Cristo vir da Galileia?

42 Não diz a Escritura que o Cristo virá da semente de Davi, da cidade de Belém, de onde era Davi?"

43 Assim houve uma divisão entre o povo por causa dele.

44 E alguns dentre o povo quiseram prendê-lo, mas ninguém lhe pôs as mãos.

Rejeitado pelas autoridades

45 Então, os guardas do templo voltaram aos chefes dos sacerdotes e aos fariseus, os quais lhes inquiriram: "Por que não o trouxestes?"

46 Os guardas explicaram: "Nenhum homem jamais falou como este Homem!"

47 Replicaram-lhes os fariseus: "Será possível que fostes vós também iludidos?

48 Porventura, acreditou nele alguém das autoridades ou dos fariseus?

49 E, quanto a esse povo comum, que nada sabe da Lei, são uns malditos!"

50 Nicodemos, sendo um dos sacerdotes, o qual estivera com Jesus à noite, questionou-os:

51 "Acaso a nossa lei julga um homem, sem primeiro ouvi-lo e saber o que ele está fazendo?"

babekholwa kuye. Kaloku uMoya wayengekafiki, kuba ubungangamsha bukaYesu babungekabonakali.

Impikiswano ngoYesu

40Bakumva uYesu esitsho, abantu abathile esihlweleni bathi: "Ngenene lo mntu nguye lowa Mshumayeli."

41Abanye bathi: "Lo mntu nguKrestu." Kodwa bambi bathi: "Angathini uKrestu ukuvela eGalili?

42 IziBhalo zithi uKrestu woba ngowendlu kaDavide, azalelwe eBhetelehem, idolophu awayehlala kuyo uDavide."

43Kwabakho impikiswano ke esihlweleni ngenxa yakhe.

44Abanye babefuna ukumbamba, kodwa akubangakho bani umchukumisayo.

Ukungakholwa kweenkokheli zamaJuda

45Abagadi bendlu kaThixo babuyela kubabingeleli abaziintloko nabaFarasi, baza bona bathi kubo: "Kutheni ningezanga naye nje?"

46Baphendula abagadi abo bathi: "Akukho namnye umntu owakha wathetha njengalo."

47Baza bathi abaFarasi: "Ngaba unilahlekisile na nani?

48Kwiinkokheli zethu nakubaFarasi ngaba kukho mntu wakha wakholwa kuye?

49Baqalekisiwe abantu abangawaziyo umthetho kaMosis."

50KubaFarasi abo kwakukho noNikodimo lowo wayekhe wadlana iindlebe noYesu, waza ke yena wathi kubo:

51"Umthetho wethu awuvumi okokuba umntu agwetywe lingathanga laxoxwa ityala lakhe, kwacaca oko akwenzileyo."

[52] Eles responderam-lhe: "És igualmente tu um galileu? Procura e verás que nenhum profeta se levantou na Galileia."

[53] Depois disso, cada um foi para a sua casa.

João 8

A mulher adúltera

[1] Entretanto, Jesus seguiu para o monte das Oliveiras.

[2] Ao amanhecer, Ele voltou ao templo, e todo o povo achegava-se ao seu redor. Então, Ele se assentou e lhes ensinava.

[3] Os escribas e fariseus trouxeram até Ele uma mulher surpreendida em adultério. Forçaram-na a ficar em pé no meio de todos, [4] e disseram a Ele: "Mestre, esta mulher foi apanhada em flagrante ato de adultério.

[5] Assim sendo, Moisés, na Lei, nos mandou que tais mulheres sejam apedrejadas. Todavia, tu, que dizes a este respeito?"

[6] Eles falavam assim para prová-lo e terem alguma coisa de que o acusar.Mas Jesus, inclinando-se, escrevia na terra com o dedo, como se não tivesse ouvido.

[7] Porque insistiram na pergunta, Ele se levantou e lhes disse: "Aquele que dentre vós estiver sem pecado seja o primeiro a lhe atirar uma pedra."

[8] E, novamente, inclinou-se e escrevia na terra.

[9] Então, aqueles que ouviram isso, sendo convencidos por suas consciências, foram se retirando um por um, começando pelos mais velhos até o último. Jesus foi deixado só, e a mulher ficou em pé onde estava.

[52]Baza bathi kuye: "Ngaba nawe lo ungowaseGalili na? Khawuphengulule iziBhalo ubone, kuba akukho mshumayeli uvela eGalili."

[[53]Baza bagoduka ke bonke.]

UYohane 8

Umfazi obanjwe ekrexeza

[[1]UYesu yena waya eNtabeni yemiNquma.

[2]Lakuphuma ilanga ngosuku olulandelayo, wabuyela endlwini kaThixo. Isihlwele samngqonga, waza wahlala phantsi, wabafundisa abantu.

[3]Abachazi-mthetho nabaFarasi beza nomfazi owayebanjwe ekrexeza, bammisa phambi kwabantu;

[4]baza bathi kuYesu: "Mfundisi, lo mfazi ubanjwe ekrexeza.

[5]Emthethweni wethu uMosis uthi umfazi onjalo makagityiselwe ngamatye abulawe. Ke wena ngaba uthi makathiweni?"

[6]Besitsho nje, babemthiyisela, befuna athethe into abanokummangalela ngayo. Kodwa uYesu wathoba, wabhala ngomnwe emhlabeni.

[7]Besamile njalo bembuza, waphakama, wathi kubo: "Ongenasono kuni makube nguye ogibisela ilitye lokuqala."

[8]Waphinda wathoba uYesu, wabhala emhlabeni.

[9]Bekuvile oko, bemka bonke ngabanye ngabanye, baqalela kwabadala. Kwasala uYesu nomfazi lowo, esemi apho.

[10] Quando Jesus se ergueu, não vendo a ninguém mais, além da mulher, disse a ela: "Mulher, onde estão aqueles teus acusadores? Ninguém te condenou?"

[11] Disse ela: "Ninguém, Senhor." E assim lhe disse Jesus: "Nem Eu te condeno; podes ir e não peques mais."

Discurso de Jesus sobre a sua missão

[12] Falando novamente ao povo, disse Jesus: "Eu sou a luz do mundo; aquele que me segue, não andará em trevas, mas terá a luz da vida."

[13] Os fariseus, todavia, lhe indagaram: "Tu dás testemunho a respeito de ti mesmo; logo o teu testemunho não é válido."

[14] Respondeu Jesus, assegurando-lhes: "Ainda que Eu testifique de mim mesmo, o meu testemunho é verdadeiro, pois sei de onde vim e para onde vou. Todavia, vós não sabeis de onde venho e para onde vou.

[15] Vós julgais de acordo com a carne; Eu a ninguém julgo.

[16] E mesmo que Eu julgue, o meu julgamento é verdadeiro, pois não estou só, mas Eu estou com o Pai, que me enviou.

[17] Está igualmente escrito na vossa lei que o testemunho de duas pessoas é verdadeiro.

[18] Eu testemunho sobre mim mesmo; e o Pai, que me enviou, testemunha a meu favor."

[19] Então, eles perguntaram a Ele: "Onde está o teu pai?" Respondeu-lhes Jesus: "Vós não conheceis nem a mim nem a meu Pai. Se conhecêsseis a mim, da mesma forma conheceríeis a meu Pai."

[10]Waphakama uYesu, wathi kuye: "Baphi na abamangaleli bakho? Akukho namnye na oshiyekileyo?"

[11]Waphendula wathi: "Namnye, Nkosi." Wathi uYesu: "Nam ke andikugwebi. Hamba, ungàbuye wone."]

UYesu ukhanyiselo lwehlabathi

[12]UYesu waphinda wabhekisa ebantwini wathi: "Ndim ukhanyiso lwehlabathi. Lowo undilandelayo soze ahambe ebumnyameni; woba nokhanyiselo olunika ubomi."

[13]Baza abaFarasi bathi kuye: "Wena uzingqinela ngokwakho. Ngenxa yoko ubungqina bakho abamkeleki."

[14]Waphendula uYesu wathi kubo: "Nangona indim ozingqinelayo, buyinyaniso ubungqina bam, kuba ndiyazi apho ndivela khona nalapho ndiya khona; nina aniyazi imvelaphi yam; nalapho ndiya khona anazi.

[15]Nina nigweba ngokwabantu. Mna akukho namnye endimgwebayo.

[16]Kodwa ke, ukuba ndithe ndagweba, isigwebo sam sithembekile; kuba andindedwa, ndikunye noBawo ondithumileyo.

[17]Nasemthethweni wenu kubhalwe kwathiwa ubungqina bamagqina amabini banele.

[18]Mna ndizingqinela ngokwam, abe kwanoBawo owandithumayo endingqinela."

[19]Baza bathi kuye: "Uphi loo Yihlo?" Waphendula uYesu wathi: "Kwankqu mna lo anindazi, noBawo ningamazi. Ukuba ke benindazi mna, noBawo ngenimazi."

[20] Essas palavras Jesus proclamou no lugar do gazofilácio, enquanto ainda ensinava no templo; e ninguém o prendeu, pois ainda não era chegada a sua hora.

Jesus anuncia a sua partida

[21] Uma vez mais, disse-lhes Jesus: "Estou partindo, e vós procurareis por mim, mas morrereis em vossos pecados; para onde Eu vou, vós não podeis ir."

[22] Então, os judeus comentaram: "Terá Ele a intenção de se matar? E, por isso diz: 'Para onde Eu vou, vós não podeis ir'?"

[23] Mas Ele seguiu dizendo-lhes: "Vós sois daqui de baixo; Eu Sou lá de cima. Vós sois deste mundo; Eu deste mundo não sou.

[24] Por isso, Eu vos afirmei que morrereis em vossos pecados. Se vós não crerdes que Eu Sou, certamente morrereis em vossos pecados."

[25] Então, indagaram-lhe: "Quem és tu?" E Jesus lhes afirmou: "Exatamente o mesmo que vos tenho dito desde o princípio.

[26] Eu tenho muito mais a declarar e julgar a respeito de vós. Pois Aquele que me enviou é digno de toda a confiança, assim, transmito ao mundo as palavras que dele ouvi."

[27] Os judeus, contudo, não entenderam que lhes falava acerca do Pai.

[28] Então Jesus preveniu-os: "Quando tiverdes elevado o Filho do homem, então sabereis que Eu Sou, e que nada faço de mim mesmo, mas transmito tudo conforme o meu Pai me ensinou.

[20]Konke oku kwathethwa nguYesu efundisa endlwini kaThixo, ekwigumbi leminikelo; kodwa akubangakho namnye umbambayo, kuba lalingekafiki ixesha.

"Apho ndiya khona mna aninakuya nina"

[21]Waphinda uYesu wathi kubo: "Ndiyemka mna; ke nina niya kundifuna; yaye niya kufela ezonweni zenu. Apho ndiya khona mna, aninakuya nina."

[22]Ke ngoko athi amaJuda: "Ngaba bethu úza kuzibulala, esithi nje apho aya khona thina asinakuya?"

[23]Waza wathi kuwo: "Nina ningabalapha phantsi; mna ndivela phezulu. Nina ningabeli hlabathi; mna andinguye oweli hlabathi.

[24]Kungoko nditshoyo ukuthi niya kufela ezonweni zenu. Ukuba anithanga nakholwa okokuba ndinguye endinguye, niya kufela ezonweni zenu."

[25]Ambuza ke esithi: "Ungubani wena?" Wathi kuwo uYesu: "Ndingulowo ndandithe ndinguye kwasekuqalekeni.

[26]Ndinezinto ezininzi endingázithethayo ngani, ndinigwebe nokunigweba ngenxa yazo. Kaloku lowo undithumileyo uyinyaniso; ke mna ihlabathi ndilixelele kuphela oko ndikuvileyo ngaye."

[27]AmaJuda akazange aqonde okokuba uYesu uthetha nawo ngoYise,

[28]waza wathi kuwo uYesu: "Xa nithe namphakamisa uNyana woLuntu, noqonda ke ukuba ndinguye endinguye. Noqonda ke okokuba mna andenzi nto ngagunya lam, koko ndithetha kuphela oko ndikufundiswe nguBawo.

[29] E Aquele que me enviou está comigo. O Pai não me deixou só, pois Eu sempre cumpro a sua vontade como lhe agrada."

[30] Tendo proferido essas palavras, muitos creram nele.

A verdade que liberta

[31] Então, disse Jesus aos judeus que haviam crido nele: "Se permanecerdes na minha Palavra, verdadeiramente sereis meus discípulos.

[32] E conhecereis a verdade, e a verdade vos libertará."

[33] Eles responderam-lhe: "Somos descendência de Abraão e jamais fomos escravos de ninguém. Como podes tu afirmar que seremos libertos?"

[34] Jesus explicou-lhes: "Em verdade, em verdade vos asseguro: todo aquele que pratica o pecado é escravo do pecado.

[35] O escravo não fica em casa para sempre, mas o filho permanece para sempre.

[36] Assim sendo, se o Filho vos libertar, sereis verdadeiramente livres.

A semente de Abraão e de Satanás

[37] Eu sei que sois a descendência de Abraão, entretanto, procurais matar-me, porque a minha Palavra não tem lugar dentro de vós.

[38] Eu falo do que tenho visto com meu Pai, e vós fazeis o que ouvistes de vosso pai."

[39] Eles contestaram a Jesus, dizendo: "Abraão é nosso pai." Mas Jesus os corrigiu: "Se fôsseis filhos de Abraão, vós faríeis as obras de Abraão.

[40] Mas, ao contrário, agora procurais matar a mim, um homem que vos tem declarado a

[29]Lowo undithumileyo unam; akandishiyanga ndodwa, kuba ndisoloko ndisenza oko kukholekileyo kuye."

[30]Bakumva ethetha ezi zinto, abantu abaninzi ithemba labo balibeka kuYesu.

"Inyaniso iya kunenza nikhululeke"

[31]Ke ngoko uYesu wathi kumaJuda abeke ithemba kuye: "Ukuba nithe nazingisa ukuhlala nisenza oko ndinifundisileyo, niya kuba ngabafundi bam benene.

[32]Niya kuyiqonda ke inyaniso; yaye inyaniso iya kunenza nikhululeke."

[33]Aphendula amaJuda athi kuye: "Thina siyinzala ka-Abraham; zange sibe ngamakhoboka nanini na. Uthetha ukuthini ke xa uthi siya kukhululeka?"

[34]Wawaphendula uYesu wathi: "Ndithi kuni, inene, bonke abenza isono bangamakhoboka esono.

[35]Ikhoboka alinalungelo lisisigxina emzini; onelungelo elinjalo emzini ngunyana.

[36]Ukuba ke uNyana uthe wanenza nakhululeka, noba ngabakhululekileyo mpela.

[37]Ndiyazi ukuba niyinzala ka-Abraham. Nakuba kunjalo nizimisele ukundibulala, kuba alingeni kuni ilizwi lam.

[38]Mna ndithetha endikubonileyo kowam uBawo; ke nina nenza enikuvileyo kowenu uyihlo."

[39]Amphendula athi: "Ubawo nguAbraham." Wathi kuwo uYesu: "Ukuba beningabo abantwana baka-Abraham, ngenimfuza ngezenzo.

[40]Kanti naku nina nifuna ukundibulala, mna mntu unixelela inyaniso endiyive kuThixo. UAbraham akazange enze nto injalo.

verdade, a qual ouviu de Deus. Abraão não procedeu assim.

41 Vós fazeis as obras de vosso pai.” Então lhe asseveraram: “Nós não nascemos de fornicação; nós temos um só Pai, Deus.”

41Nina nenza okwenziwa nguyihlo.” Aza athi kuye: “Thina asiyomigqakhwe. Owethu uBawo mnye; nguThixo.”

42 Replicou-lhes Jesus: “Se Deus fosse vosso Pai, vós me amaríeis, pois Eu procedo de Deus e estou aqui. Eu não vim por mim mesmo, mas Ele me enviou.

42Wathi kuwo uYesu: “Ukuba uThixo ebenguyihlo ngenene, ngenindithanda; kuba ndilapha nje, ndivela kuThixo. Kaloku andizizelanga ngagunya lam; ndithunywe nguye.

43 Por que vós não podeis entender minha linguagem? É porque vós sois incapazes de ouvir a minha Palavra.

43Kutheni ningayiqondi nje intetho yam? Kungenxa yokuba ningakwazi ukulibamba ilizwi lam.

44 Vós pertenceis ao vosso pai, o Diabo; e quereis realizar os desejos de vosso pai. Ele foi assassino desde o princípio, e jamais se apoiou na verdade, porque não existe verdade alguma nele. Quando ele profere uma mentira, fala do que lhe é próprio, pois é um mentiroso e pai da mentira.

44Nina ningaboyihlo umtyholi, kwaye nithanda ukwenza intando yakhe. Yena wayesisibulala-mntu kwasekuqalekeni. Nenyaniso akayihoyanga, kuba akananyani. Usekhaya xa athetha ubuxoki, kuba yena ulixoki, usobuxoki kanye.

45 Mas, porque Eu digo a verdade, vós não credes em mim.

45Kodwa mna ndinixelela inyaniso; kungoko ningakholwayo kum.

46 Quem de vós pode me condenar por algum pecado? E, se Eu estou dizendo a verdade, por que vós não credes em mim?

46Akukho namnye kuni ungandibeka tyala, athi ndonile. Ndithetha inyaniso nje, ngani ukuba ningakholwa?

47 Aquele que é de Deus, ouve as palavras de Deus. Entretanto, vós não ouvis; porque não sois de Deus.”

47OngokaThixo uyaweva amazwi kaThixo. Ke ngoko nina aniweva amazwi kaThixo, kuba aningabo abakaThixo.”

Antes de Abraão, Eu Sou

“Engekabikho uAbraham besendikho”

48 Então os judeus, em resposta, lhe disseram: “Não dissemos acertadamente que tu és samaritano e tens um demônio?”

48AmaJuda amphendula uYesu, athi kuye: “Asinyanisanga na ke xa sithi ungumSamariya, yaye unendimoni?”

49 Replicou-lhes Jesus: “Eu não tenho um demônio; ao contrário, Eu honro a meu Pai, e vós me desonrais.

49Waphendula uYesu wathi: “Andinandimoni mna. Ndihlonela uBawo, kodwa nina anindihloneli.

50 E além do mais, Eu não estou buscando minha própria glória; existe Um que a busca por mim e a tudo julga.
51 Em verdade, em verdade vos asseguro: se alguém obedecer a minha Palavra, jamais experimentará a morte.”
52 Ao ouvirem isso, exclamaram os judeus: “Agora estamos certos de que tens um demônio. Abraão morreu, e também os profetas, e tu afirmas: ‘se alguém obedecer à minha palavra, jamais experimentará a morte’.

53 És tu maior do que o nosso pai Abraão, que morreu? Da mesma forma, os profetas morreram. Quem pretendes ser?”

54 Jesus declarou-lhes: “Se eu me glorifico a mim mesmo, a minha glória nada é; quem me glorifica é meu Pai, o qual vós dizeis que é vosso Deus.

55 Todavia, vós ainda não o tendes conhecido, mas Eu o conheço. E se Eu disser que não o conheço, Eu serei um mentiroso, assim como vós. No entanto, Eu verdadeiramente o conheço e obedeço a sua Palavra.

56 Vosso pai Abraão muito se alegrou, pois veria o meu dia; e ele o viu e ficou feliz.”

57 Então os judeus disseram a Jesus: “Tu ainda não tens cinquenta anos, e viste a Abraão?”
58 Respondeu-lhes Jesus: “Em verdade, em verdade vos asseguro: antes que Abraão existisse, Eu Sou.”

50Mna andizifuneli wonga; ukho ondifunelayo; yena uyandilamlela.

51Ndithi kuni, inene, ukuba umntu uthe wawagcina amazwi am, soze afe naphakade.”

52Aza athi kuye amaJuda: “Hayi ke, kucacile ngoku ukuba unendimoni. UAbraham wafa, nabashumayeli bafa, ube usithi wena, ukuba umntu uthe wagcina amazwi akho, soze afe naphakade.

53Ngaba wena umkhulu na kunobawo uAbraham, yena wafayo? Kwangokunjalo nabo abashumayeli àbasekho. Uzenza bani kakade wena?”

54Waphendula uYesu wathi: “Ukuba bendiziwonga ngokwam, elo wonga ngelingento yanto; kodwa ke nguBawo ondiwongayo, lowo kanye nina nithi nguThixo wenu.

55Nangona nitshoyo, anizange namazi; kodwa mna ndiyamazi. Ukuba mna bendinokuthi andimazi, bendiya kuba ndilixoki njengani. Kodwa ndiyamazi, ndaye ndiyawagcina amazwi akhe.

56Uyihlo uAbraham wagcoba, kuba wayeza kubona le mihla yobukho bam; wayibona ke, wavuya.”

57Aza amaJuda athi kuye: “Ungekabi naminyaka imashumi mahlanu nje, ungathini ukuba sewumbonile uAbraham?”

58Wathi kubo uYesu: “Ndithi kuni, inene, engekabikho uAbraham, besendikho kade mna.”

[59] Então, pegaram pedras para apedrejá-lo, mas Jesus esquivou-se e, passando por entre eles, saiu do templo.

João 9

A cura de um cego de nascença

[1] Ao caminhar, Jesus viu um cego de nascença.

[2] E seus discípulos lhe perguntaram: “Rabi, quem pecou, este homem ou seus pais, para que nascesse cego?”

[3] Jesus lhes respondeu: “Nem ele pecou, nem seus pais; mas foi para que as obras de Deus fossem reveladas na vida dele.

[4] Eu devo fazer as obras daquele que me enviou, enquanto é dia; a noite vem, quando ninguém pode trabalhar.

[5] Durante o tempo em que estiver no mundo, sou a luz do mundo.”

[6] Então, tendo dito essas palavras, cuspiu no chão e fez barro com saliva; em seguida ungiu os olhos do cego com aquela mistura.

[7] E ordenou ao homem: “Vai, lava-te no tanque de Siloé” . O cego foi, lavou-se e voltou vendo.

[8] Portanto, os vizinhos e aqueles que o conheciam como cego, diziam: “Não é este o mesmo homem que costuma ficar sentado, mendigando?”

[9] Alguns afirmavam: “É ele mesmo.” Outros comentavam: “Apenas se parece com ele.” Ele mesmo, entretanto, assegurava-lhes: “Sou eu o homem.”

[59]Achola amatye ke amaJuda, ukuze amgibisele ngawo uYesu; kodwa yena uYesu wasuka wee shwaka, wemka endlwini kaThixo.

UYohane 9

UYesu uphilisa umntu ozelwe eyimfama

[1]UYesu wathi ehamba ngendlela wabona umntu owayezelwe eyimfama.

[2]Bambuza ke abafundi bakhe besithi: “Mfundisi, uphi undonakele ukuze azalwe eyimfama nje? Ngaba nguye, okanye ngabazali bakhe?”

[3]Waphendula uYesu wathi: “Eyimfama nje, akonanga yena, kungonanga nabazali bakhe. Uzelwe eyimfama ukuze amandla okusebenza kukaThixo abonakaliswe ngaye.

[4]Simelwe kukuyenza kusesemini imisebenzi esiyinikwe ngulowo undithumileyo. Ubusuku buyeza, apho kungayi kubakho bani unako ukusebenza.

[5]Okweli thuba ndisesehlabathini ndilukhanyiso lwehlabathi.”

[6]Akuba etshilo, uYesu watshicela emhlabeni, wenza udaka, wawaqaba ngalo amehlo emfama leyo;

[7]waza wathi kuyo: “Hamba uye kuhlamba kwichityana laseSilowa.” (Oko kukuthi “thunyiwe”.) Yahamba ke imfama, yaya kuhlamba, yabuya ibona.

[8]Abamelwane nabanye abantu ababeqhele ukumbona loo mntu engqiba, bathi: “Lo mfo asinguye na lowa ebehlala engqiba?”

[9]Abanye babesithi nguye, abanye besithi asinguye kodwa ufana naye. Waza umfo lowo wathi: “Ndinguye.”

[10] Por esse motivo, indagaram-lhe: "Como te foram abertos os olhos?"

[11] Ele respondeu: "Um homem chamado Jesus misturou terra com saliva, ungiu meus olhos e disse-me: 'vai, lava-te no tanque de Siloé.' Então eu fui, lavei-me, e recebi a visão."

[12] Em seguida lhe perguntaram: "Onde está Ele?" Ao que respondeu: "Não sei."

O homem curado é expulso

[13] Então, levaram o homem que fora cego à presença dos fariseus.

[14] E era sábado, quando Jesus fez aquela mistura de barro e abriu os olhos do homem cego.

[15] Então, os fariseus também lhe inquiriram como recebera a visão. E o homem tornou a explicar: "Ele aplicou barro aos meus olhos, lavei-me e vejo."

[16] Por esse motivo, alguns dos fariseus alegavam: "Esse homem não é de Deus, porque não guarda o sábado." Outros murmuravam: "Como pode um homem, sendo pecador, realizar milagres como esses?" E, novamente, houve divisão entre eles.

[17] Uma vez mais, perguntaram ao homem que fora cego: "Que dizes tu a respeito dele, pelo fato de que abriu os teus olhos?" O homem asseverou-lhes: "Ele é um profeta."

[18] Contudo, os judeus não acreditaram que ele fosse cego e havia recebido a visão, até que fossem chamados os pais daquele que recebera a visão.

[10]Bambuza ke, bathi: "Avulwe yintoni amehlo akho?"

[11]Wathi yena: "Laa mntu kuthiwa nguYesu, wenza udaka, waqaba ngalo amehlo am, wathi mandiye eSilowa, ndihlambe. Ndiyile ke, ndahlamba, aza avuleka amehlo am."

[12]Baza bathi: "Uphi loo mntu ngoku?" Ke yena wathi: "Andazi."

AbaFarasi benza uphando ngokuphila kwemfama

[13]Bamthatha ke loo mfo owayeyimfama, bamsa kubaFarasi;

[14]kuba kwakunguMhla wokuPhumla loo mini uYesu wenza udaka ngayo, wavula amehlo akhe.

[15]Ke ngoko abaFarasi bambuza lo mfo okokuba uphiliswe njani ebumfameni bakhe, waza wathi kubo: "Undiqabe amehlo ngodaka, ndahlamba, aza avuleka amehlo am."

[16]Baza abaFarasi abathile bathi: "Loo mntu akanakuba ngowakwaThixo, kuba akawuhloneli uMhla woPhumlo." Kodwa abanye babesithi: "Ukuba ebengumoni ebenokuthini ukwenza imiqondiso elolu hlobo?" Kwabakho impikiswano ke phakathi kwabo.

[17]Ke ngoko abaFarasi baphinda bathi kuloo mntu wayeyimfama: "Wena uthini ngaye, inguwe nje ovulwe amehlo?" Waza wathi: " Ungumshumayeli."

[18]AmaJuda wona ayengakholwa ukuba wayeyimfama waza wabuya wabona, aza abiza abazali bakhe,

[19] Então os interrogaram: "É este o vosso filho, o qual vós dizeis que nasceu cego? Como, então, ele pode ver agora?"
[20] Os pais lhes responderam: "Sabemos que ele é nosso filho e que nasceu cego.
[21] Mas não sabemos o significado de ele estar vendo agora, e também não sabemos quem lhe abriu os olhos. Perguntai a ele, já tem idade. Ele falará de si mesmo."
[22] Seus pais responderam dessa maneira porque estavam com medo dos judeus; pois estes já haviam acordado que, se alguém confessasse que Jesus era o Cristo, seria expulso da sinagoga.
[23] Foi por isso que seus pais disseram: "Perguntai a ele, já tem idade."

[24] Então, eles chamaram de novo o homem que fora cego e lhe ordenaram: "Dá glória a Deus! Pois nós sabemos que esse homem é pecador."

[25] Ao que ele retorquiu: "Se ele é um pecador ou não, eu não sei. Todavia, uma verdade eu sei: eu era cego; agora vejo."

[26] E, novamente lhe indagaram: "O que Ele te fez? Como abriu teus olhos?"
[27] O homem lhes respondeu: "Eu já o disse, mas vós não credes. Por que desejais ouvir tudo uma vez mais? Acaso também quereis tornar-vos discípulo dele?"
[28] Por isso, o insultaram e disseram: "Tu, sim, és um discípulo dele; mas nós somos discípulos de Moisés.
[29] Sabemos que Deus falou a Moisés; mas quanto a esse sujeito, nem sabemos de onde vem."

[19]abuza esithi: "Ngunyana wenu lo? Ngaba wazalwa eyimfama? Ebona nje ngoku kutheni?"
[20]Abazali bakhe baphendula bathi: "Ewe, ngunyana wethu lo. Wavela eyimfama;
[21]kodwa asazi ukuba kwenzeke ntoni ebona nje ngoku; nalowo uwavulileyo amehlo akhe asimazi. Buzani kuye; selemdala, unako ukuziphendulela."

[22]Abazali bakhe batsho kuba besoyika amaJuda, kuba wona ayeselevumelene ngokuthi ovumayo ukuba uYesu unguye uKrestu, uya kusikwa endlwini yesikhungo.

[23]Kungoko ke abazali bakhe batshoyo ukuthi: "Buzani kuye; selemdala."
[24]Ke ngoko amaJuda aphinda ambuza loo mntu wayezelwe eyimfama, athi kuye: "Sikufungisa uThixo ukuba uthethe inyaniso. Thina siyazi okokuba lo mntu ngumoni."
[25]Waphendula wathi: "Ukuba ungumoni, nokuba akanguye, andazi. Ndazi nto-nye kuphela; bendiyimfama, ngoku ke ndiyabona."
[26]Aza athi kuye: "Ukwenze ntoni kanye ukukuvula amehlo?"
[27]Wawaphendula wathi: "Sendinixelele nje, naza anaphulaphula; kutheni ukuba nifune ukuva kwakhona? Ngaba nani nifuna ukuba ngabafundi bakhe?"
[28]Aza amaJuda amthuka, atsho nokuthi: "Nguwe ongumfundi walaa mfo; thina singabafundi bakaMosis.
[29]Siyazi okokuba uMosis wathetha egunyaziswa nguThixo; kodwa yena lo mfo asimazi, singazi nalapho avela khona."

[30] O homem questionou: "Ora, isso é surpreendente! Vós não sabeis de onde Ele vem, e mesmo assim, abriu-me os olhos!
[31] É sabido que Deus não ouve pecadores; mas a todo adorador de Deus, e a todo que faz a sua vontade, a esse Ele atende.
[32] Desde o início do mundo, jamais se ouviu que alguém tenha aberto os olhos de um cego de nascença.
[33] Se esse homem não viesse de Deus, não poderia fazer obra alguma."

[34] Então, concluíram: "Tu que nasceste repleto de pecados, pretendes nos ensinar?" E o excluíram.

Os cegos receberão a visão

[35] Jesus ouviu que o haviam expulsado, e, quando o encontrou, lhe disse: "Acreditas tu no Filho de Deus?"

[36] O homem respondeu: "Quem é Ele, Senhor, para que eu possa nele crer?"

[37] E Jesus lhe assegurou: "Tu o estás vendo. É este que te fala."
[38] Então, declarou o homem: "Senhor, eu creio!" E prostrando-se diante de Jesus, o adorou.
[39] Então revelou Jesus: "Eu vim a este mundo para julgamento, a fim de que os cegos vejam e os que vêem se tornem cegos."
[40] Alguns fariseus que estavam com Ele, ao ouvirem essas palavras, perguntaram a Jesus: "Porventura, nós também somos cegos?"
[41] Afirmou-lhes Jesus: "Se vós fôsseis cegos, não seríeis culpados; mas uma vez que

[30]Waphendula wathi: "Simanga! Nina nithi animazi apho avela khona, kanti nguye owavulileyo amehlo am.
[31]Kuyaqondakala okokuba uThixo akabeva aboni; kuphela uva abo bamhloneleyo ngokwenza oko akuthandayo.
[32]Okoko ladalwayo ihlabathi akuzange kuviwe ngomntu owakha wavula amehlo omntu ozelwe eyimfama.
[33]Ukuba lo mntu ebengaveli kuThixo ngeengenako mpela ukwenza into enje."
[34]Amphendula athi: "Singathini ukufundiswa nguwe, ntondini eyazalelwa esonweni!" Waza ke wasikwa endlwini yesikhungo.

Iimfama ezibonayo

[35]UYesu weva okokuba umntu lowo usikiwe. Akumfumana wathi kuye: "Uyakholwa na kuye uNyana woLuntu?"
[36]Waphendula yena wathi: "Ndixelele ukuba ngongubani lowo, Nkosi, ukuze nam ndikholwe kuye."
[37]Wathi kuye uYesu: "Sewumbonile; ngulo uthethayo nawe ngoku."

[38]Waza wathi: "Ndiyakholwa, Nkosi." Watsho waguqa phambi koYesu.

[39]Waza wathi uYesu: "Mna ndize kweli hlabathi ukuze abantu bacaluleke: ukuze iimfama zibone, bathi ababonayo babe ziimfama."

[40] AbaFarasi abathile ababelapho kunye naye, bamva eyithetha le nto, baza bambuza besithi: "Nathi uthi siziimfama?"

[41]Wathi kubo uYesu: "Ukuba benizizo iimfama ngeningenatyala, kodwa ngenxa

alegais: ‘Nós vemos!’, por essa razão, o pecado persiste dentro de vós.

yokuba nisithi niyabona, nihlala ninalo ityala.”

João 10

Jesus, o bom Pastor

1 Em verdade, em verdade vos asseguro: aquele que não entra no aprisco das ovelhas pela porta, mas sobe o muro à procura de outra passagem, esse é ladrão e assaltante.

2 Aquele que entra pela porta é o pastor das ovelhas.

3 Para esse, o porteiro abre a porta do aprisco, e as ovelhas ouvem a sua voz. Ele chama cada uma das suas ovelhas pelo nome, e as guia para fora.

4 E depois de conduzir para fora todas as que lhe pertencem, vai adiante delas, e elas o seguem, porque reconhecem a sua voz.

5 Todavia, de modo algum seguirão a um estranho; ao contrário, fugirão dele, porque não conhecem a voz de estranhos.”

6 Jesus falou de forma proverbial, mas eles não compreenderam o significado do que lhes havia falado.

7 Sendo assim, Jesus lhes disse de novo: “Em verdade, em verdade vos asseguro: Eu Sou a porta das ovelhas.

8 Todos quantos vieram antes de mim são ladrões e assaltantes; porém as ovelhas não os ouviram.

9 Eu Sou a porta. Qualquer pessoa que entrar por mim, será salva. Entrará e sairá; e encontrará pastagem.

10 O ladrão não vem, senão para roubar, matar e destruir. Eu vim para que as ovelhas tenham vida, e vida em plenitude.

UYohane 10

Umzekeliso ngesibaya

1“Inene, lowo ungangeniyo ngesango esibayeni seegusha, kodwa usuka angene ngandawo yimbi, ulisela nesihange.

2Ke lowo ungena ngesango, ngumalusi wazo iigusha.

3Umgcini-sango uyamvulela lowo. Iigusha zakhe ziyaliva izwi lakhe. Uzibiza ngamagama azo, azikhokelele phandle.

4Akuba ezikhuphile esibayeni iigusha zakhe, uhamba phambi kwazo, zize zimlandele, kuba ziyalazi izwi lakhe.

5Omnye umntu azingekhe zimlandele. Zosuka zimbaleke, kuba azilazi izwi lowasemzini.”

6UYesu wabenzela lo mzekeliso, kodwa bona babengayiqondi into awayeyithetha kubo.

UYesu ngumalusi olungileyo

7Wabuya wathetha nabo uYesu, wathi: “Ndithi kuni, inene, ndim isango lesibaya seegusha.

8Iigusha zange zibaphulaphule bonke abathe bafika ngaphambi kwam, kuba babengamasela nezihange.

9Ndim isango; othe wangena ngam wosindiswa. Wongena ephuma, atye anele.

10Isela lizele kuphela ukuba libe, lixhele, litshabalalise. Mna ndizele ukuba abantu babe nobomi, obona bupheleleyo.

[11] Eu Sou o bom pastor. O bom pastor dá a sua vida pelas ovelhas.

[12] O mercenário, que não é o pastor a quem as ovelhas pertencem, vê a aproximação do lobo, abandona as ovelhas e foge. Então, o lobo as apanha e dispersa o rebanho.

[13] O mercenário foge, porque é um mercenário e não tem zelo pelas ovelhas.

[14] Eu Sou o bom pastor. Conheço as minhas ovelhas e sou conhecido por elas;

[15] assim como o Pai me conhece e Eu conheço o Pai; e entrego minha vida pelas ovelhas.

[16] Ainda tenho outras ovelhas que não são deste aprisco, as quais devo da mesma maneira trazer; elas ouvirão minha voz, e haverá um só rebanho e um só pastor.

[17] Por esse motivo o Pai me ama; porque Eu entrego a minha vida para retomá-la.

[18] Ninguém a tira de mim; antes Eu a entrego de espontânea vontade. Tenho poder para entregá-la, e poder para retomá-la. Esse é o mandamento que recebi de meu Pai.”

Mais uma divisão entre os judeus

[19] Por causa dessas palavras, houve novamente divisão entre os judeus.

[20] E muitos deles murmuravam: “Ele tem um demônio e enlouqueceu. Por que vós o escutais?”

[21] Outros ponderavam: “Essas palavras não são de alguém que tem um demônio. Pode, porventura, um demônio abrir os olhos dos cegos?”

A Festa da Dedicação

[11]“Mna ndingumalusi olungileyo. Umalusi olungileyo ubuncamela iigusha zakhe ubomi bakhe.

[12]Kodwa umqeshwa, ongenguye umninizo, owalusa nje kwagusha, uthi akubona ingcuka isiza, abaleke, azishiye; ifike ke ingcuka, izibambe iigusha, izichitha-chithe.

[13]Umqeshwa lo ke ubaleka kuba engumntu nje oqeshiweyo engazikhathalele iigusha.

[14-15]Ndim umalusi olungileyo. Njengokuba uBawo endazi mna, nam ndimazi uBawo, ngokukwanjalo ndiyazazi iigusha zam, nazo ziyandazi, ndaye nobomi bam ndibuncamela iigusha zam.

[16]Ndinazo nezinye iigusha ezingezizo ezesi sibaya. Nazo kufuneke ndize nazo. Ziya kuliva ilizwi lam, umhlambi ube mnye, nomalusi abe mnye.

[17]“UBawo uyandithanda, ngenxa yokuba ndibuncama ubomi bam. Ke ndobuya ndibufumane.

[18]Akukho bani ubuhluthayo kum ubomi bam; ndibuncama ngokwam. Ndinelungelo lokubuncama; ndikwanalo nelokubuya ndibufumane. Yiyo ke leyo into endiyiyalelweyo nguBawo ukuba ndiyenze.”

[19]Nala ke amazwi âbanga okokuba amaJuda angavani.

[20]Into eninzi yawo yayisithi: “Unendimoni! Uyageza! Ingáthini ukumphulaphula?”

[21]Kodwa amanye ayesithi: “Umntu onendimoni akanakuthetha ngolu hlobo. Ibinokuthini indimoni ukuba nako ukuvula amehlo eemfama?”

UYesu uyafunwa ngamaJuda

[22] Naquela ocasião, celebrava-se a Festa da Dedicação em Jerusalém, e era inverno.

[23] E Jesus caminhava dentro do templo, pelo Pórtico de Salomão.

[24] Então, os judeus rodearam a Jesus para indagar-lhe: “Até quando nos deixarás em dúvida? Se és o Cristo, dize-nos claramente.”

[25] Respondeu-lhes Jesus: “Eu já vo-lo disse, e vós não acreditais. As obras que realizo em Nome de meu Pai testemunham a meu favor.

[26] Mas vós não credes, porque não sois das minhas ovelhas, como já vos afirmei.

[27] As minhas ovelhas ouvem a minha voz; Eu as conheço, e elas me seguem.

[28] Eu lhes dou a vida eterna, e elas nunca perecerão; tampouco ninguém as poderá arrancar da minha mão.

[29] Meu Pai, que as deu a mim, é maior do que todos, ninguém é capaz de arrancá-las da mão de meu Pai.

[30] Eu e o Pai somos um.”

[31] E por isso, uma vez mais, os judeus pegaram pedras para apedrejá-lo.

[32] Mas Jesus os interpelou: “Eu tenho vos revelado muitas obras boas da parte do meu Pai. Por qual dessas obras vós quereis lapidar-me?.

[33] Os judeus responderam-lhe assim: “Por nenhuma boa obra nós te lapidaremos, mas sim por blasfêmia, e porque, sendo tu um simples homem, te fazes passar por Deus.”

[22]Kwakusebusika ukufika kwexesha letheko lokukhumbula ukuhlaziywa kwendlu kaThixo eJerusalem.

[23]UYesu wayehamba-hamba endlwini kaThixo evarandeni ekuthiwa yekaSolomon.

[24]Amrhawula amaJuda, athi kuye: “Phum' egusheni! Ukuba unguye uKrestu, yitsho ngokuphandle.”

[25]Wawaphendula uYesu wathi: “Sendinixelele, kodwa anakholwa noko. Imisebenzi endiyenzileyo ngegunya endilinikwe nguBawo, iyandingqinela.

[26]Ningàkholwa nje kum kungenxa yokuba ningezizo iigusha zam.

[27]Ezam iigusha ziyaliva izwi lam. Ibe ke ndiyazazi; zona ziyandilandela.

[28]Ndizinika ubomi obungenasiphelo. Azisoze zitshabalale, kwaye akukho bani unokuzihlutha kum.

[29]Kaloku uBawo ondinike zona unamandla; noko ke akukho bani unokuhlutha nto kuye.

[30]Ke mna noBawo sibanye.”

[31]Aphinda amaJuda achola amatye, efuna ukumgibisela ngawo ambulale uYesu.

[32]Wathi ke kuwo uYesu: “Ngamandla andinike wona uBawo, ndenzé izinto ezininzi ezilungileyo, nindibona. Ngaba kungenxa yasiphi na isenzo senifuna ukundigibisela ngamatye nje?”

[33]Aphendula amaJuda athi: “Asifuni kukugibisela ngamatye ngenxa yanto ilungileyo uyenzileyo; kungenxa yokuba unyelisa uThixo.Ungáthini, ungumntu nje, ukusuka uzenze uThixo?”

[34] Jesus lhes contestou: “Não está escrito na vossa Lei: ‘Eu disse: sois deuses?’

[35] Se Ele chamou ‘deuses’ àqueles a quem veio a Palavra de Deus ,

[36] como vós dizeis daquele a quem o Pai santificou e enviou a esse mundo: ‘Tu blasfemas!’, porque vos declarei: ‘Eu Sou o Filho de Deus?’

[37] Se não faço as obras de meu Pai, não acreditais em mim.

[38] Mas se as faço, mesmo que não acreditais em mim, crede nas obras, para que possais saber e compreender que o Pai está em mim, e Eu estou no Pai.”

[39] Contudo, uma vez mais tentaram prendê-lo, mas Ele se livrou das mãos deles.

Os crentes além do Jordão

[40] Sendo assim, novamente Jesus atravessou o Jordão e foi para o lugar onde João batizava no início do seu ministério, e ali ficou.

[41] Então, muitos vinham até Jesus, exaltando: “João não realizou nenhum sinal; todavia, tudo quanto falou a respeito deste Homem era verdade.”

[42] E, naquele povoado, muitos creram em Jesus.

João 11

A ressurreição de Lázaro

[1] Um certo homem chamado Lázaro, de Betânia, da aldeia de Maria e de sua irmã Marta, estava doente.

[2] Esta Maria, cujo irmão Lázaro estava doente, era a mesma que ungiu com óleo

[34]Waphendula uYesu wathi: “Kowenu umthetho kukhankanywa la mazwi kaThixo athi: ‘Mna ndithe ningoothixo.’

[35]Aninakuyijika le ntetho yeziBhalo. Kaloku uThixo yena uthi bangoothixo abo athetha nabo.

[36]Ningáthini ke ukuthi mna ndithetha into emanyumnyezi ngoThixo, xa ndithi ndinguNyana kaThixo, mna ndamiselwayo nguBawo, ndathunyelwa ehlabathini nguye?

[37]Ukuba andiwenzi umsebenzi endithunywe wona nguBawo, sanukundamkela;

[38]kodwa ukuba ndiyawenza, bamkeleni ubungqina bezenzo zam, nokuba ananeliseki ndim. Ke ngoko noqonda nazi okokuba uBawo ukum, nam ndikuye.”

[39]AmaJuda azama kwakhona ukumbamba uYesu, kodwa wawaphepha,

[40]wabuya wemka waya phesheya kweJordan, apho wayebhaptiza khona kuqala uYohane, wahlala khona.

[41]Kweza abantu abaninzi kuye, bathi: “UYohane okunene akazange enze namnye umqondiso, kodwa konke awakuthethayo ngalo mntu kuyinyaniso.”

[42]Abantu abaninzi ke balapho bazinikela kuye.

UYohane 11

Ukusweleka kukaLazaro

[1]Kwakukho mntu uthile ugulayo, uLazaro. WayengowaseBhetani kuloMariya noMarta oodade wabo.

[2]UMariya lo ngulowa wayithambisayo iNkosi ngamafutha aqholiweyo, waza

perfumado o Senhor e lhe enxugou os pés com os próprios cabelos.

3 Assim sendo, as irmãs de Lázaro mandaram dizer a Jesus: “Senhor! Eis que aquele a quem amas está enfermo.”

4 Ao saber do ocorrido, disse Jesus: “Essa enfermidade não terminará em morte; mas sim, para a glória de Deus, para que o Filho de Deus seja glorificado por meio dela.”

5 E Jesus amava Marta, a irmã dela, e a Lázaro.

6 Contudo, quando soube que Lázaro estava doente, ficou mais dois dias no lugar onde estava.

7 Depois disso, falou a seus discípulos: “Vamos voltar para a Judeia.”

8 Ao que lhe advertiram os discípulos: “Rabi, há pouco os judeus tentaram apedrejar-te, e mesmo assim estás indo para lá outra vez?”

9 Jesus lhes respondeu: “Não são doze as horas do dia? Se alguém caminhar de dia, não tropeça, porque vê a luz deste mundo;

10 mas, se caminhar na noite, tropeça, porque a luz não está nele.”

11 Tendo dito essas palavras, prosseguiu explicando-lhes: “Nosso amigo Lázaro dorme, mas Eu vou até lá para despertá-lo.”

12 Então seus discípulos lhe disseram: “Senhor, se ele está dormindo, vai ficar melhor.”

13 Entretanto, Jesus lhes havia falado da morte de Lázaro; mas os discípulos pensaram que Jesus estivesse se referindo ao repouso do sono.

wazisula ngeenwele zakhe iinyawo zayo. Lo Lazaro wayegula wayengumnakwabo.

3Ke ngoko oodade wabo aba bathumela kuYesu, besithi: “Nkosi, umhlobo wakho uyagula.”

4Akuyiva loo nto, wathi uYesu: “Oku kugula akuyi kuphelela ekufeni, koko kuya kubonakalisa amandla kaThixo, aze uNyana kaThixo abe nodumo.”

5Ngoko ke, nangona uYesu wayebathanda ooMarta noMariya noLazaro,

6wahlala iintsuku zambini kuloo ndawo weva ekuyo ngokugula kukaLazaro.

7Emva koko wathi kubafundi bakhe: “Masiphinde siye kwelakwaJuda.”

8Ke ngoko bathi kuye abafundi: “Mfundisi, ebesand' ukufuna ukukugibisela ngamatye nje amaJuda, ungáthini ukubuya uye khona?”

9Wabaphendula uYesu wathi: “Ilanga liyavela, litshone, anditsho? Ke ukuba umntu uhamba emini, akakhubeki; kuba ukhanyiselwa lukhanyiso lweli hlabathi.

10Kodwa ukuba uhamba ebusuku, uyakhubeka; kuba akukho kukhanya kumkhanyiselayo.”

11Akuba etshilo, waqokela wathi: “Umhlobo wethu uLazaro ulele; ndisaya kumvusa.”

12Baza bathi kuye abafundi: “Nkosi, ukuba ulele, uya kuvuka.”

13Kanti ke uYesu wayethetha okokuba uLazaro uswelekile, kodwa bona babeba uthetha ukuthi ulele ubuthongo.

[14] Ao que Jesus lhes disse claramente: “Lázaro morreu;

[15] e, para o vosso bem, estou alegre por não ter estado lá; para que agora possais crer. Sendo assim, vamos ter com ele.”

[16] Então Tomé, chamado Dídimo, disse aos seus companheiros discípulos: “Vamos também nós para morrermos com ele!”

Eu Sou a ressurreição e a vida

[17] Ao chegar, encontrou Lázaro já sepultado havia quatro dias.

[18] Ora, Betânia ficava próxima de Jerusalém, cerca de quinze estádios.

[19] E muitos, dentre os judeus, tinham vindo juntar-se ao grupo de mulheres que procuravam confortar Marta e Maria, pela morte do irmão.

[20] Assim que Marta ouviu que Jesus estava a caminho, saiu ao seu encontro; Maria, no entanto, ficou sentada em casa.

[21] Disse Marta a Jesus: “Senhor, se estivesses aqui, meu irmão não teria morrido.

[22] Mas sei que, mesmo agora, seja o que for que pedires a Deus, Ele te dará.”

[23] Jesus então assegurou-lhe: “O teu irmão ressuscitará!”

[24] E Marta lhe disse: “Eu sei que ele vai ressuscitar na ressurreição, no último dia.”

[25] Esclareceu-lhe Jesus: “Eu Sou a ressurreição e a vida. Aquele que crê em mim, mesmo que morra, viverá;

[26] e todo o que vive e crê em mim, não morrerá eternamente. Tu crês nisso?”

[14]Ke ngoko wabaxelela ngokuphandle, wathi: “ULazaro ufile;

[15]kodwa ngenxa yenu ndiyavuya ngokungabikho kwam khona, ukuze nikholwe. Ngoko ke, masiye kuye.”

[16]Ke ngoko uTomas, uWele, wathi kwabanye abafundi: “Masiye nathi, size sife kunye naye.”

UYesu uluvuko nobomi

[17]Kwathi akufika uYesu, wafumana ukuba uLazaro seleneentsuku ezine engcwatyiwe.

[18]IBhetani yayikufuphi neJerusalem, umgama onganeno kweekhilomitha ezintathu,

[19]kwaza kwafika amaJuda amaninzi, eze kukhuza ooMarta noMariya ngokusweleka komnakwabo.

[20]Akuva uMarta okokuba uYesu uyeza, wamhlangabeza, kodwa yena uMariya wasala endlwini.

[21]Waza wathi uMarta kuYesu: “Nkosi, ukuba ubukho, ngengabhubhanga umnakwethu.

[22]Kodwa nangoku ndiyazi ukuba uThixo wokunika nantoni na oyicelayo kuye.”

[23]Waza wathi kuye uYesu: “Umnakwenu uya kubuya avuke.”

[24]Wathi kuye uMarta: “Ndiyazi okokuba uya kubuya avuke xa kuvuswa bonke abafileyo ngomhla wokugqibela.”

[25]Waza wathi kuye uYesu: “Ndim uvuko; ndim ubomi. Lowo ukholwayo kum wodla ubomi nokuba ebefile.

[26]Wonke odla ubomi ekholwa kum, soze afe naphakade. Ke wena ngaba uyakholwa koku?”

27 Ela lhe afirmou: “Sim, Senhor, eu creio que Tu és o Cristo, o Filho de Deus, que devia vir ao mundo.”

Jesus vence a morte

28 Depois de dizer essas palavras, Marta seguiu seu caminho e chamou Maria, sua irmã, e lhe disse em particular: “O Mestre chegou, e chama por ti.”

29 Assim que Maria ouviu isso, levantou-se apressadamente e foi ao encontro dele.

30 Jesus ainda não havia entrado no povoado, mas estava onde Marta o encontrara.

31 Os judeus que estavam com Maria em casa e a consolavam, vendo que ela se levantou apressadamente e saiu, seguiram-na, julgando que ela fosse ao sepulcro para ali chorar.

32 Então, quando Maria chegou ao lugar onde Jesus estava, vendo-o, prostrou-se aos seus pés e desabafou: “Senhor, se estivesses aqui, meu irmão não teria morrido.”

33 Sendo assim, ao ver Maria chorando, bem como os judeus que vieram com ela, Jesus indignou-se no espírito e compadeceu-se.

34 Perguntou-lhes Jesus: “Onde o colocastes?” E eles indicaram-lhe: “Senhor, vem e vê!”

35 Jesus chorou.

36 Então os judeus comentaram: “Vede como Ele o amava!”

37 Mas alguns deles questionaram: “Não poderia este homem, que abriu os olhos do cego, ter evitado que seu amigo morresse?”

Jesus ressuscita seu amigo

27Waza wathi kuye: “Ewe, Nkosi. Sendoyisekile; ndiyavuma okokuba wena unguye uKrestu, uNyana kaThixo, lowo umelwe kukuza ehlabathini.”

UYesu uyalila

28Akuba etshilo uMarta, wemka waya kubizela bucala udade wabo uMariya, wathi kuye: “Umfundisi ukho; uyakubiza.”

29Akukuva oko uMariya, wakhawuleza waphuma, wahlangabeza uYesu.

30UYesu ke wayengekangeni edolophini, kodwa wayesekuloo ndawo wayedibene kuyo noMarta.

31Ke amaJuda lawo awayekunye noMariya endlwini, eze kukhuza, athi akubona ephakama kamsinya, aphuma amlandela. Ayeba uya kulila engcwabeni.

32UMariya waya kulaa ndawo wayekuyo uYesu, wafika waziphosa ezinyaweni zakhe, wathi kuye: “Nkosi, ukuba ubukho, ngengabhubhanga umnakwethu.”

33Wathi uYesu akumbona elila, namaJuda abeze naye elila, wachukumiseka entliziyweni, wakhathazeka kakhulu,

34wathi: “Nimngcwabe phi?” Bathi: “Nkosi, yiza sikubonise.”

35Zehla iinyembezi kuYesu.

36Ke ngoko amaJuda athi: “Khanikhangele ukumthanda kwakhe!”

37Ke amanye kuwo athi: “Wawavula nje amehlo emfama, ngaba ebengenako ukwenza ukuba noLazaro angabhubhi?”

ULazaro uvuswa ekufeni

38 Então, novamente Jesus se indigna em seu espírito, e comovido dirige-se ao sepulcro. Era uma gruta na rocha com uma pedra fechando a entrada.

39 Determinou Jesus: “Tirai a pedra!” Preveniu-lhe Marta, irmã do falecido: “Senhor, ele já cheira mal, pois já se passaram quatro dias.”

40 Encorajou-a Jesus: “Eu não te falei que, se creres, verás a glória de Deus?”

41 Então, tiraram a pedra da entrada do lugar onde o homem morto estava deitado. E Jesus, levantando seus olhos aos céus, agradeceu: “Pai, dou-te graças porque me ouviste.

42 Eu sei que sempre me ouves, mas disse isso por causa da multidão que está ao meu redor, para que creiam que Tu me enviaste.”

43 E, tendo dito essas palavras, clamou em alta voz: “Lázaro, vem para fora!”

44 Então, o homem que havia morrido, saiu da gruta, tendo os pés e as mãos atados com faixas de linho e o rosto envolto com um pano. E Jesus orientou-os: “Retirai as faixas dele e deixai-o seguir.”

45 Assim, muitos dentre os judeus, que tinham vindo consolar Maria, vendo o que Jesus fizera, creram nele.

Os fariseus formam conselho para matar Jesus

46 Mas alguns deles foram até os fariseus e os informaram de tudo quanto Jesus havia feito.

47 Então, os chefes dos sacerdotes e os fariseus convocaram uma reunião do

38Esachukumiseke njalo entliziyweni uYesu, waya engcwabeni. Ingcwaba eli lalingumqolomba, livalwe ngelitye.

39Waza wathi uYesu: “Lisuseni ilitye.” Wathi uMarta, udade bomfi: “Nkosi, selenevumba, kuba seleneentsuku ezine eswelekile.”

40UYesu wathi kuye: “Bendingatshongo na kuwe okokuba uya kuwabona amandla kaThixo ukuba uyakholwa?”

41Balisusa ke ilitye, waza uYesu wakhangela phezulu, wathi: “Bawo, ndiyabulela kuba undiva.

42Mna ke bendisazi ukuba uhlala undiva, kambe ke nditsho ngenxa yale ndimbane yabantu ixhontelene apha, khon' ukuze ikholwe ukuba ndithunywe nguwe.”

43Akuba etshilo wadanduluka wathi: “Lazaro, phuma engcwabeni!”

44Waphuma umfi, izandla neenyawo zithandelwe ngamalaphu elinen, ubuso bujikelwe ngeqhiya. Wathi kubo uYesu: “Mkhululeni, nimyeke ahambe.”

Ibhunga ngoYesu

(Mat 16:1-5; Marko 14:1-2; Luka 22:1-2)

45Into eninzi yaloo maJuda awayeze kukhuza uMariya, ithe yakukubona oko uYesu akwenzileyo, yakholwa kuye.

46Kodwa athile kuwo abuyela kubaFarasi, abaxelela oko uYesu akwenzileyo.

47Ke ngoko abaFarasi nababingeleli abaziintloko babiza intlanganiso yeBhunga,

Sinédrio. E disseram: "O que poderemos fazer? Pois esse homem realiza muitos sinais.

bathi: "Makuthiweni na? Nanku lo mntu esenza imiqondiso emininzi.

48 Se o deixarmos seguir livre, todos acreditarão nele, e então virão os romanos e tomarão tanto o nosso lugar,como a nossa nação."

48Ukuba sithe samyeka waqhuba ngolu hlobo, bonke baya kukholwa kuye, aze eze amaRoma, ayidilize indlu kaThixo, alutshabalalise uhlanga lwethu."

49 Entretanto, um dentre eles, chamado Caifás, que naquele ano era o sumo sacerdote, disse a eles: "Vós falais do que não compreendeis.

49Omnye wabo, uKayafa, owayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka, wathi: "Anikayiqondi mpela le nto!

50 Nem considerais que é do vosso interesse que morra um só homem pelo povo, e não pereça toda a nação."

50Aniqondi na okokuba kunilungele ukuba umntu omnye afele abantu, kunokuba kutshatyalaliswe uhlanga lonke?"

51 Por outro lado, ele não revelou isso de si mesmo, mas sendo o sumo sacerdote naquele ano, profetizouque Jesus morreria pela nação judaica.

51Oku akakuthethanga kuphuma kuye. Watsho kuba wayengumbingeleli omkhulu ngaloo nyaka, ebhengeza okokuba uYesu wayeza kulufela uhlanga,

52 E não somente por aquela nação, mas também para congregar em um só povo os filhos de Deus que andam espalhados pelo mundo.

52engafeli lona kuphela, koko efela bonke abantwana bakaThixo abathe saa, ebahlanganisela ndawonye.

53 Assim, daquele dia em diante, pactuaram em tirar a vida de Jesus.

53Kwathi ke ukususela ngaloo mini iinkokheli zamaJuda zabhunga ukumbulala uYesu.

54 Por isso, Ele já não andava livremente entre os judeus. Em vez disso, retirou-se para o interior, próximo ao deserto, chegando a uma cidade chamada Efraim; e ali permaneceu com os seus discípulos.

54Ke ngoko uYesu akabanga sahamba ekuhleni kwelakwaJuda, kodwa wemka waya ngasentlango, kwidolophu ekuthiwa yeyakwaEfrayim, wahlala khona apho enabafundi bakhe.

55 A Páscoa dos judeus estava próxima, e muitos daquela região do interior subiram para Jerusalém, a fim de participarem das cerimônias de purificação antes da Páscoa.

55Itheko lamaJuda ekuthiwa yiPasika, lalisondele; baza ke baba baninzi abaphuma kuloo mimandla, besiya eJerusalem ngaphambi kwePasika, ukuze bazihlambulule.

[56] Então, procuravam Jesus, e comentavam uns com os outros, dentro do templo: “Que pensais? Virá Ele à festa?”

[57] Por outro lado, os chefes dos sacerdotes e os fariseus haviam dado ordem para que, se alguém soubesse onde Ele estava, o denunciasse, a fim de poderem prendê-lo.

[56]Babemfuna uYesu; baza bathi bakuhlangana endlwini kaThixo, bamana bebuzana besithi: “Nithini na? Makube akezi ePasikeni?”

[57]Ababingeleli abaziintloko nabaFarasi babeyalele okokuba ukuba kukho bani waziyo apho uYesu akhoyo, kufuneka axele, ukuze bambambe.

João 12

Maria unge com unguento os pés de Jesus

[1] Seis dias antes da Páscoa, Jesus foi para Betânia, onde estava Lázaro, que havia morrido e fora ressuscitado dentre os mortos.

[2] Então, ofereceram-lhe um jantar; Marta servia, enquanto Lázaro era um dos convidados, sentado à mesa com Jesus.

[3] Maria pegou uma libra de bálsamo de nardo puro, um óleo perfumado muito caro, ungiu os pés de Jesus e os enxugou com seus cabelos. E a casa encheu-se com a fragrância daquele bálsamo.

[4] Mas um de seus discípulos, Judas Iscariotes, filho de Simão, que mais tarde iria traí-lo, objetou:

[5] “Por que este bálsamo perfumado não foi vendido por trezentos denários e dado aos pobres?”

[6] Ele não disse isso por se importar com os pobres, mas porque era ladrão; sendo responsável pela bolsa de dinheiro, frequentemente tirava o que nela era depositado.

UYohane 12

Ukuthanjiswa kukaYesu eBhetani

(Mat 26:6-13; Marko 14:3-9)

[1]Ngosuku lwesithandathu phambi kwePasika uYesu waya eBhetani, apho wayehlala khona uLazaro, lowo uYesu wayemvuse ekufeni.

[2]Walungiselelwa isidlo ke uYesu, waza uMarta wabaphakela, uLazaro engomnye wababehleli etafileni kunye noYesu.

[3]UMariya wathatha amafutha angangxengwanga esiqholo esiyinadusi, abunzima bungaphezulwana kwamakhulu amathathu eegram, axabiso likhulu, wathambisa ngawo iinyawo zikaYesu, wazisula ngeenwele zakhe. Yatsho indlu yazala livumba elimnandi lesiqholo eso.

[4]Ke ngoko omnye wabafundi bakaYesu, uJudas Sikariyoti, lowo wayeza kumngcatsha, wathi:

[5]“Kutheni esi siqholo singàthengiswa ngamakhulu amathathu eerandi nje, ize loo mali inikwe amahlwempu?”

[6]Esitsho nje, kwakungekuko okokuba ebewakhathalele amahlwempu, koko wayesitsho kuba wayelisela. Ingxowa yabo yemali yayiphathwa nguye, emana ukucuntsula kuyo.

[7] Mas Jesus respondeu: “Deixa-a em paz; pois para o dia da minha sepultura foi que ela guardou isso.

[8] Quanto aos pobres, vós sempre os tereis convosco, mas a mim vós nem sempre tereis.”

A trama para matar Lázaro

[9] Por outro lado, uma grande multidão de judeus, assim que soube que Jesus estava ali, veio, não somente por causa de Jesus, mas igualmente para ver Lázaro, a quem Ele ressuscitara dos mortos.

[10] Mas os chefes dos sacerdotes tramaram matar Lázaro também.

[11] Pois, por causa do que ocorrera com ele, muitos estavam se afastando e crendo em Jesus.

A entrada triunfal de Jesus em Jerusalém

[12] No dia seguinte, a grande multidão que tinha vindo para a festa, assim que ouviu que Jesus estava chegando a Jerusalém,

[13] pegou ramos de palmeiras e saiu ao seu encontro, exultando: “Hosana! Bendito o que vem em o Nome do Senhor!Bendito o Rei de Israel!”

[14] E Jesus, tendo conseguido um jumentinho, montou-o, conforme está escrito:

[15] “Não tenha medo, ó filha de Sião; eis que o seu Rei está chegando, montado em um jumentinho.”

[16] Naquele momento, seus discípulos não entenderam o que estava acontecendo. Só depois que Jesus foi glorificado, eles se lembraram de que esses fatos estavam escritos a respeito dele e também de que isso lhe fizeram.

[7]Kodwa uYesu wathi: “Myeke; sukumkhathaza. Esi siqholo ebesigcinele ukulungiselela ukungcwatywa kwam.

[8]Amahlwempu aya kuhlala ekho,kodwa aniyi kuhlala ninam mna.”

Ibhunga ngoLazaro

[9]Yeva ke indimbane yamaJuda okokuba uYesu useBhetani, yaya khona, ingayi kubona uYesu kuphela, koko isiya kubona noLazaro, lowo uYesu wamvusayo ekufeni.

[10]Babhunga ke ababingeleli abaziintloko okokuba bambulale noLazaro,

[11]kuba ngenxa yakhe amaJuda amaninzi ayeguquka akholwe kuYesu.

UYesu ungena eJerusalem ekhwele idonki

(Mat 21:1-11; Marko 11:1-11; Luka 19:28-40)

[12]Ngengomso indimbane yabantu ababeze kwitheko lePasika, yeva okokuba uYesu uyeza eJerusalem,

[13]yaxhuzula amasebe emithi yamasundu, yamhlangabeza, yakhwaza isithi: “Camagu! Makabongwe lowo uzayo egameni leNkosi, uKumkani wakwaSirayeli!”

[14]UYesu wafumana idonki eselula, wakhwela kuyo, njengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi:

[15]“Sukoyika, sixeko saseZiyon. Khangela, uKumkani wakho uza kuwe ekhwele idonki, ithole lento ebotshwayo.”

[16]Abafundi bakhe abazange bayiqonde le nto kuqala, kodwa kwathi akuba uYesu evukile ekufeni, bakhumbula okokuba iziBhalo ziyakuxela oku, bakhumbula nokokuba bamenzele oku kanye.

[17] Assim sendo, a multidão que estava com Ele, quando mandara Lázaro sair do sepulcro e o ressuscitara dos mortos, continuou a testemunhar o ocorrido.

[18] Por essa razão, um grande número de pessoas saiu ao encontro de Jesus, pois ouviu que Ele realizara esse milagre.

[19] Todavia, os fariseus comentavam uns com os outros: “Vós percebestes como nossos esforços são inúteis. Atentai! Eis que o mundo todo vai após Ele!”

Alguns gregos desejam ver a Jesus

[20] Entre os que subiram para adorar a Deus durante a festa da Páscoa estavam alguns gregos.

[21] Eles se dirigiram a Filipe, que era de Betsaida da Galileia, e lhe rogaram: “Senhor! Nós desejamos ver Jesus.”

[22] Filipe foi e contou a André, e André e Filipe comunicaram o pedido a Jesus.

[23] Jesus lhes respondeu: “Chegou a hora em que o Filho do homem será glorificado.

[24] Em verdade, em verdade vos asseguro que se o grão de trigo não cair na terra e não morrer, permanecerá ele só; mas se morrer produzirá muito fruto.

[25] Aquele que ama a sua vida, a perderá; entretanto, aquele que odeia sua vida neste mundo, a preservará para a vida eterna.

[26] Se alguém me serve, precisa seguir-me; e onde estou, o meu servo também estará. Aquele que me serve será honrado por meu Pai.

Jesus profetiza sua morte na cruz

[27] Agora minha alma está perturbada, e o que direi? Pai, salva-me desta hora? Não! Eu

[17]Abantu ababekho oko uYesu wambizayo uLazaro ukuba aphume engcwabeni, emvusa ekufeni, babebabalisela abanye ngaloo nto.

[18]Ke ngoko indimbane yaya kumhlangabeza uYesu, kuba yayivile ngokwenza kwakhe loo mqondiso.

[19]Baza abaFarasi bathethana besithi: “Khangelani, yeyele ngomkhono! Nanko elandelwa lilizwe lonke!”

AmaGrike athile afuna ukumbona uYesu

[20]Kwakukho namaGrike phakathi kwabo bantu babeye kunqula eJerusalem ngexesha lomsitho wePasika.

[21]Ke wona aya kuFilipu, lowo waseBhetesayida eGalili, acela esithi: “Nkosi, sifuna ukubona uYesu.”

[22]UFilipu waya kuxelela uAndreya, baza bahamba bobabini baya kuxelela uYesu.

[23]Wabaphendula uYesu wathi: “Lifikile ngoku ixesha lokuba ubungangamsha bakhe uNyana woLuntu bubonakale.

[24]Inene, ukuba ukhozo lwengqolowa aluthanga lufakwe emhlabeni lufe, lohlala lungabi nto; kodwa ukuba luthe lwafa, luvelisa isiqhamo ngakumbi.

[25]Lowo ubukokosayo ubomi bakhe, wolahlekelwa bubo; kanti lowo ubuncamayo kweli hlabathi, wohlala enabo kude kube kwelizayo.

[26]Lowo usisicaka sam makandilandele, abe kunye nam apho ndikhoyo. Osisicaka sam ke uya kunikwa imbeko nguBawo.”

UYesu uthetha ngokufa kwakhe

[27]“Intliziyo yam ikhathazekile ngoku. Ndingathini kodwa? Kuthi mandithi: ‘Bawo,

vim precisamente com esse propósito e para esta hora.

28 Pai, glorifica o teu Nome!” Então, veio uma voz dos céus, dizendo: “Eu já o glorifiquei e o glorificarei uma vez mais.”

29 Todavia, a multidão que estava ali, tendo ouvido a voz, dizia ter trovejado. Outros garantiam: “Um anjo falou com Ele.”

30 Jesus lhes esclareceu: “Essa voz não veio por minha causa, e sim para vosso benefício.

31 Chegou a hora de este mundo ser julgado, e agora o príncipe deste mundo será expulso.

32 Mas Eu, quando for levantado da terra, atrairei todas as pessoas para mim.”

33 Ele disse isso para expressar o tipo de morte que haveria de sofrer.

34 O povo lhe replicou: “Nós temos ouvido da Lei que o Cristo permanecerá para sempre, como podes afirmar: ‘o Filho do homem precisa ser levantado’? Quem é afinal esse Filho do homem?”

35 Então Jesus lhes explicou: “Ainda por mais um pouco de tempo a luz estará entre vós. Caminhai enquanto tendes a luz, para que as trevas não vos surpreendam, pois aquele que anda nas trevas não sabe para onde vai.

36 Enquanto vós tendes a luz, crede na luz, para vos tornardes filhos da luz.” E, terminando de falar, partiu e ocultou-se deles.

Nem todos creram nos milagres

ndisindise, ulidlulise kum eli xesha’? Hayi, mandingatsho, kuba kwakungenxa yoku ukuba ndifikelele kweli xesha.

28Ke ngoko ndithi: ‘Bawo, zibonakalise into oyiyo wena.’ ” Kwavakala ilizwi, liphuma ezulwini, lisithi: “Ndizibonakalisile, ndibe ndisaya kuphinda ndizibonakalise.”

29Isihlwele sabantu ababemi apho sathi liyaduduma, abanye besithi isithunywa sezulu sithethe naye.

30Kodwa uYesu wathi kubo: “Eli lizwi alivakalanga ngenxa yam, koko livakale ngenxa yenu.

31Lithwasile ngoku ixesha lokugwetywa kweli hlabathi; umphathi weli hlabathi uza kukhiqwa ngoku.

32Mna ke, ndakuba ndithe ndaphakanyiswa ndemka emhlabeni, ndiya kubatsalela kum bonke.”

33Esitsho nje, wayebaqondisa ngendlela aza kufa ngayo.

34Isihlwele ke saphendula sathi: “ IziBhalo zithi uKrestu uya kuhlala nathi kude kube nîni. Ungathini ke wena ukuthi uNyana woLuntu umelwe kukuphakanyiswa emke? Kakade ngubani yena lo Nyana woLuntu?”

35Waza uYesu wathi kubo: “Aliselide ixesha ninalo ukhanyiso. Ke ngoko hambani ekukhanyeni, nisenalo nje ukhanyiso, hleze ubumnyama buniqubule, kuba lowo uhamba ebumnyameni akayiqondi indlela ahamba ngayo.

36Hlalani nithembele kulo ukhanyiso ngoku nisenalo, ukuze nibe ngabantu bokukhanya.” Akuba etshilo uYesu wazimela wemka.

Ukungakholwa kwamaJuda

37 Mas, embora tivesse realizado tantos milagres diante deles, não creram em Jesus,

38 para cumprir a palavra do profeta Isaías, que disse: “Senhor, quem creu em nossa mensagem, e a quem foi revelado o braço do Senhor?”

39 Contudo, não podiam crer, porque como reafirmou Isaías:

40 “Cegou-lhes os olhos e endureceu-lhes o coração, para que não vejam com os olhos nem entendam com o coração, nem se convertam e Eu os cure.”

41 Isso disse Isaías porque viu a glória dele e falou a seu respeito.

Caminhando na luz

42 Apesar disso, muitos dentre as próprias autoridades acreditaram nele, mas devido aos fariseus, não declaravam sua fé, para não serem excluídos da sinagoga;

43 pois amaram mais a honra dos homens do que a glória de Deus.

44 Então Jesus exclamou: “Quem acredita em mim, não crê somente em mim, mas naquele que me enviou.

45 Quem vê a mim, vê Aquele que me enviou.

46 Eu vim como luz para o mundo; a fim de que todo aquele que crê em mim não permaneça nas trevas.

37Nangona uYesu wayenze imiqondiso engako phambi kwabo, abakholwanga kuye.

38Le nto yênzeka izalisekisa oko kwathethwayo ngumshumayeli uIsaya esithi: “Nkosi, ngubani na okholiweyo ludaba lwethu? Amandla eNkosi ngaba atyhileke kubani na?”

39Abakholwanga ke, njengoko atshoyo nakwenye indawo uIsaya ukuthi:

40“UThixo ubamfamekisile, ubaqaqadekisile, hleze babone ngamehlo, baqonde ngengqondo: ‘Baze babuyele kum,’ utsho uThixo, ‘ndize ndibaphilise.’ ”

41UIsaya watsho kuba wabubona ubungangamsha bukaYesu, waza wathetha ngaye.

42Noko ke into eninzi yeenkokheli zamaJuda yakholwa kuYesu, kodwa ngenxa yabaFarasi aba bantu abazange bathethe ngaloo nto, hleze basikwe endlwini yesikhungo.

43Babexabise kakhulu ukunconywa ngabantu ngaphezu kokunconywa nguThixo.

Ukugweba kwelizwi likaYesu

44Watsho ngelivakalayo uYesu, wathi: “Lowo ukholwayo kum, akakholwa kum nje kodwa, koko ukholwa nakulowo undithumileyo.

45Lowo undibonayo mna, ubona nalowo undithumileyo.

46Mna ndilukhanyiso; ndize ehlabathini ukuze bonke abakholwayo kum bangahlali ebumnyameni.

[47] Se alguém ouvir as minhas palavras e não obedecer a elas, Eu não o julgo; porque Eu não vim para julgar o mundo, mas sim, para salvá-lo.

[48] Aquele que me rejeita e não acolhe as minhas palavras tem quem o julgue; a Palavra que proclamei, essa o julgará no último dia.

[49] Pois Eu não tenho falado por mim mesmo, mas o Pai, que me enviou, esse me deu ordens sobre o que Eu deveria dizer e o que proclamar.

[50] Eu sei que o seu mandamento é a vida eterna. Sendo assim, tudo o que Eu falo, como o Pai me mandou dizer, assim falo."

João 13

Jesus lava os pés aos discípulos

[1] Assim, pouco antes da festa da Páscoa, sabendo Jesus que havia chegado o tempo de Deus, em que partiria deste mundo e iria para o Pai, tendo amado os seus que estavam no mundo, amou-os até o fim.

[2] Durante o final da ceia, quando já o Diabo incutira no coração de Judas Iscariotes, filho de Simão, que deveria trair a Jesus,

[3] e, sabendo Jesus que o Pai lhe outorgara poder sobre tudo o que existe, e que viera de Deus e estava retornando a Deus,

[4] levantou-se da mesa, tirou a capa e colocou uma toalha em volta da cintura.

[47]Lowo uwevayo amazwi am, aze angawagcini, akagwetywa ndim. Andizanga kuligweba ihlabathi; ndize kulisindisa.

[48]Ukho omgwebayo lowo ungandifuniyo, ongawamkeliyo amazwi am. Ilizwi endilithethileyo lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela.

[49]Kaloku mna andithethanga nto ivela kum; nguBawo ngokwakhe, yena ondithumileyo, ondiyalele okokuba mandithini, ndithethe ntoni na.

[50]Ndiyazi ke okokuba lo myalelo wakhe ububomi obungonaphakade. Ke ngoko into endiyithethayo kuphela yileyo uBawo andiyalele ukuba mandiyithethe."

UYohane 13

UYesu uhlamba iinyawo zabafundi bakhe

[1]Laliselisondele itheko lePasika. UYesu ke wayesazi okokuba lifikile ixesha lokuba anduluke kweli hlabathi, aye kuYise. Wayesoloko ebathanda abo bangabakhe kweli hlabathi, wabathanda kwada kwaba sekugqibeleni.

[2-3]Ngokuhlwa uYesu nabafundi bakhe babesetafileni besitya. Umtyholi wayeselekufakile entliziyweni kaJudas, unyana kaSimon Sikariyoti, okokuba angcatshe uYesu. UYesu wayesazi ukuba uYise uzinikele ezandleni zakhe zonke izinto; esazi okokuba yena uvela kuThixo, kwaye uya kuThixo.

[4]Waza ke uYesu waphakama etafileni, wakhulula isambatho sakhe sangaphezulu, wabhinqa itawuli,

[5] Em seguida, derramou água em uma bacia e começou a lavar os pés dos discípulos e a enxugá-los com a toalha que estava em sua cintura.

[5]wagalela amanzi ekomini, wahlamba iinyawo zabafundi bakhe, ezisula ngetawuli awayeyibhinqile.

[6] Aproximou-se de Simão Pedro, que lhe disse: “Senhor, vais me lavar os pés?”

[6]Akufika kuSimon Petros, yena wathi kuYesu: “Nkosi, uza kuhlamba nezam iinyawo?”

[7] Respondeu-lhe Jesus: “O que faço agora, não podes compreender, todavia o compreenderás mais tarde.”

[7]Waphendula uYesu wathi kuye: “Okwangoku akukayazi into endiyenzayo, kodwa uza kube uyiqonde.”

[8] Disse-lhe Pedro: “Senhor, jamais me lavarás os pés!” Ao que Jesus lhe advertiu: “Se Eu não lavar os teus pés, tu não terás parte comigo.”

[8]Wathi kuye uPetros: “Nokuba sekutheni, ngekhe zihlanjwe nguwe iinyawo zam.” UYesu wamphendula wathi: “Ukuba andithanga ndikuhlambe, awunabudlelane nam.”

[9] Rogou-lhe Simão Pedro: “Senhor, lava não somente meus pés, mas também, as minhas mãos e a minha cabeça!”

[9]Waza uSimon Petros wathi kuye: “Nkosi, xa kunjalo, sukundihlamba iinyawo zodwa, selundihlamba izandla nentloko.”

[10] Explicou-lhe Jesus: “Quem já se banhou precisa apenas lavar os pés; o seu corpo já está completamente limpo. Vós também estais limpos, mas nem todos.”

[10]UYesu wathi kuye: “Oselehlambe umzimba, uswele kuphela okokuba ahlanjwe iinyawo, ukuze ahlambuluke wonke. Nani ke nihlambulukile, kodwa aninjalo nonke.”

[11] Pois Jesus sabia quem iria traí-lo, e por isso disse: “Nem todos vós estais limpos.”

[11]UYesu wayeselemazi lowo uza kumngcatsha, kungoko watshoyo ukuthi abahlambulukanga bonke.

[12] Após haver lavado os pés dos seus discípulos, tornou a vestir sua capa, voltou a sentar-se à mesa e lhes indagou: “Compreendeis o que vos fiz?

[12]Akuba uYesu ezihlambile iinyawo zabo, ephinde wasinxiba isambatho sakhe sangaphezulu, waya kuhlala phantsi, wathi kubo: “Ngaba niyayiqonda na into endiyenzileyo?

[13] Vós me chamais ‘Mestre’ e ‘Senhor’, e estais certos, pois Eu, de fato, o sou.

[13]Nindibiza ngokuthi: ‘Mfundisi,’ okanye: ‘Nkosi’. Niyakholisa ukutsho, kuba kunjalo.

[14] Dessa maneira, se de vós Eu Sou Senhor e Mestre e ainda assim vos lavei os pés, igualmente vós deveis lavar os pés uns dos outros.

[14]Ke ngoko, ukuba mna endiyiNkosi noMfundisi wenu, ndithe ndahlamba iinyawo zenu, nani ke nimelwe kukuhlambana iinyawo.

[15] Dei-vos um exemplo para que, como Eu vos fiz, também vós o façais.

[15]Ndinenzele umzekelo, ukuze nani nenze njengoko mna ndinibonisileyo.

[16] Em verdade, em verdade vos afirmo que nenhum escravo é maior do que seu senhor, como também nenhum enviado é maior do que aquele que o enviou.

[16]Ndithi kuni, inene, akukho sicaka singaphezu kwenkosi yaso, kungekho nothunyiweyo ongaphezulu kwalowo umthumileyo.

[17] Portanto, se vós compreenderdes esse ensinamento e o praticardes, abençoados sereis.

[17]Nivile ke. Hayi uyolo lwenu xa nithe nawulandela lo mzekelo.

[18] Eu não estou falando a respeito de todos vós, pois conheço aqueles que escolhi; mas é necessário que isso ocorra para que se cumpra a Escritura: 'Aquele que partilhava do meu pão levantou-se contra mim'.

[18]"Andibhekisi kuni nonke. Ndiyabazi abo ndibanyulileyo, kodwa imelwe kukuzaliseka le ndawo eziBhalweni ithi: 'Lowo utyayo kunye nam undivukele.'

[19] Estou vos revelando esses fatos antes que aconteçam, para que, quando acontecerem, vós possais crer que Eu Sou.

[19]Ndinixelele kungekenzeki, ukuze kuthi, kwakuba kwenzekile, nikholwe okokuba ndinguye endinguye.

[20] Em verdade, em verdade vos asseguro: Quem receber aquele que Eu enviar, estará me recebendo e quem me recebe, recebe aquele que me enviou."

[20]Inene, lowo umamkelayo endimthumileyo, wamkela mna; ke owamkela mna, wamkela lowo undithumileyo."

Jesus prediz que Judas o há de trair

UYesu walatha umngcatshi wakhe

(Mat 26:20-25; Marko 14:17-21; Luka 22:21-23)

[21] Após haver dito essas palavras, perturbou-se Jesus em espírito e declarou: "Em verdade, em verdade vos afirmo que um dentre vós me trairá."

[21]Akuba uYesu etshilo, wakhathazeka kakhulu, waza wabaqononondisa esithi: "Ndithi kuni, inene, omnye kuni apha uza kundingcatsha."

[22] Os discípulos olharam uns para os outros, perplexos sobre a quem Ele se referia.

[22]Baza bajongana abafundi bakhe, bengazi mpela okokuba ngubani na lowo athetha ngaye.

[23] Enquanto isso, um deles, o discípulo a quem Jesus amava, estava reclinado ao seu lado.

[23]Ke omnye umfundi kaYesu, lowo wayethandwa nguye, wayehleli ecaleni kwakhe,

[24] Simão Pedro fez alguns sinais a esse, como querendo dizer: "Pergunta a quem Ele se refere."

[24]waza uSimon Petros wanqwala kuye ukuba abuze ukuba ngaba uYesu uthetha bani na.

[25] Então, aquele discípulo, reclinando-se sobre o peito de Jesus, perguntou-lhe: “Senhor, quem é?”

[26] Respondeu-lhe Jesus: “É aquele a quem Eu der este pedaço de pão molhado no prato.” E tendo molhado o pedaço de pão, deu-o a Judas Iscariotes, filho de Simão.

[27] Assim que Judas comeu o pão, Satanás entrou nele. Então disse-lhe Jesus: “O que tens para fazer, faze-o logo.”

[28] Todavia, nenhum dos que estavam à mesa entendeu por qual razão Jesus lhe disse isso.

[29] Considerando que Judas era responsável pelo dinheiro, alguns pensaram que Jesus havia dito: “Compra o necessário para a festa.” Ou que desse algo aos pobres.

[30] Judas, assim que comeu o pedaço de pão, saiu apressadamente. E era noite.

As últimas instruções de Jesus aos discípulos

[31] Quando ele saiu, Jesus disse: “Agora o Filho do homem é glorificado, e Deus é glorificado nele.

[32] Sendo Deus glorificado nele, também Deus o glorificará nele mesmo; e o glorificará muito em breve.

[33] Filhinhos, Eu ainda permanecerei convosco por pouco tempo. Vós me procurareis, mas como Eu disse aos judeus,

[25]Lowo mfundi ke wagobela ngakuYesu, wathi: “Ngaba ngubani lowo, Nkosi?”

[26]Waphendula uYesu wathi: “Ngulowo ndiya kuthi ndakuba ndisithe nkxu isonka, ndimnike.” Waza wathatha iqhekeza lesonka, walithi nkxu, walinika uJudas, unyana kaSimon Sikariyoti.

[27]Kwathi kwangoko akulamkela elo qhekeza lesonka uJudas, wangenwa nguSathana. Waza wathi kuye uYesu: “Khawulezisa uyenze into oyenzayo.”

[28]Kwakungekho namnye kwabo basetafileni owakuqondayo oko uYesu wayekuthetha.

[29]Ekubeni yayigcinwa nguJudas ingxowa yabo yemali, abanye kubafundi babesithi uYesu umthuma ukuba aye kuthenga ezo zinto ziyimfuneko kwitheko lePasika, okanye mhlawumbi uthi makaye kupha amahlwempu amalizo.

[30]Elamkele ke uJudas elo qhekeza lesonka, waphuma kwangoko. Ke kaloku kwakusebusuku.

Umthetho omtsha

[31]Akuba emkile uJudas, uYesu wathi: “Ngoku ke uza kunikwa ubungangamsha uNyana woLuntu; uThixo uza kubonakalisa amandla akhe ngaye.

[32]Xa ke uThixo abonakalisa amandla akhe ngaye, wothi amnike ubungangamsha uNyana woLuntu, kwaye oko uza kukwenza kwangoku.

[33]Bantwana bam, liphelile ixesha lam phakathi kwenu. Niya kundifuna, kodwa oko ndakuthethayo kumaJuda ndikuthetha

agora vos digo: 'para onde Eu vou, vós não podeis ir'.

34 Um novo mandamento vos dou: que vos ameis uns aos outros; assim como Eu vos amei; que dessa mesma maneira tenhais amor uns para com os outros.

35 Através deste testemunho todos reconhecerão que sois meus discípulos: se tiverdes amor uns pelos outros."

Pedro nega a Jesus por três vezes

36 Simão Pedro pergunta a Jesus: "Senhor, para onde vais?" Jesus respondeu-lhe: "Para onde Eu vou não podes seguir-me agora; entretanto, me seguirás mais tarde."

37 Inquiriu-lhe Pedro: "Senhor, por que não posso seguir-te agora? Pois eu darei a minha vida por ti!"

38 Jesus adverte-o: "Darás a tua vida por mim? Em verdade, em verdade te afirmo que antes que o galo cante, tu me negarás três vezes!

João 14

1 Não permitais que o vosso coração se preocupe. Credes em Deus, crede também em mim.

2 Na casa de meu Pai há muitos aposentos; se não fosse assim, Eu o teria dito a vós. Portanto, vou para preparar-vos lugar.

3 E, quando Eu me for e vos tiver preparado um lugar, virei de novo e vos levarei para mim, a fim de que, onde Eu estiver, estejais vós também.

4 Vós sabeis para onde Eu vou, e conheceis o caminho."

nakuni ngoku, ndisithi: 'Apho mna ndiya khona, aninakuya nina.'

34Ndiniwisela umthetho omtsha, ndithi: Thandanani! Njengoko ndinithandileyo mna, nani thandanani kanye ngolo hlobo.

35Ukuba niyathandana, bonke baya kuqonda okokuba ningabafundi bam."

UYesu uthi uza kukhanyelwa nguPetros

(Mat 26:31-35; Marko 14:27-31; Luka 22:31-34)

36USimon Petros wabuza kuYesu wathi: "Uza kuya phi na, Nkosi?" Waphendula uYesu wathi: "Apho ndiya khona akukabi nakuya okwangoku, kodwa wobe ulandele."

37Wathi kuye uPetros: "Nkosi, kungani na ukuba ndingabi nakuya ngoku? Ndilindele nokufa ngenxa yakho!"

38Wamphendula uYesu wathi: "Ngaba ukulindele ngenene ukufa ngenxa yam? Ndithi kuwe, inene, wobe sewundikhanyele kathathu ukukhala kwenkuku."

UYohane 14

NguYesu indlela

1"Musani ukukhathazeka; kholosani ngoThixo, nikholose nangam.

2Ikho indawo kowethu. Ukuba bekungenjalo ngendingàtsho ukuthi ndiya kunilungiselela indawo.

3Ndakuba ndimkile ke ndaya kunilungiselela indawo, ndiya kuza kuniphuthuma, nize nani nibe lapho ndikhoyo mna.

4Ngoko ke niyayazi indlela eya apho ndiya khona."

[5] Indagou-lhe Tomé: “Senhor, não sabemos para onde vais; e como poderemos conhecer o caminho?”
[6] Assegurou-lhes Jesus: “Eu Sou o Caminho, a Verdade e a Vida. Ninguém vem ao Pai senão por mim.
[7] Se vós, de fato, tivésseis me conhecido, teríeis conhecido também a meu Pai; e desde agora vós o conheceis e o vistes.”
[8] Solicitou-lhe Filipe: “Senhor, mostra-nos o Pai, e isso é suficiente para nós.”
[9] Então Jesus ministrou-lhes: “Há tanto tempo estou convosco, e tu não me tens conhecido, Filipe? Aquele que vê a mim, vê o Pai; como podes dizer: ‘mostra-nos o Pai’?
[10] Não crês que Eu estou no Pai e que o Pai está em mim? As palavras que Eu vos digo não as digo em minha própria autoridade; mas o Pai, que habita em mim, realiza as suas obras.

[11] Crede-me quando digo que estou no Pai e que o Pai está em mim; crede-o, ao menos por causa das mesmas obras.

[12] Em verdade, em verdade vos asseguro que aquele que crê em mim fará também as obras que Eu faço e outras maiores fará, pois eu vou para o meu Pai.
[13] E assim, seja o que for que vós pedirdes em meu Nome, isso Eu farei, a fim de que o Pai seja glorificado no Filho.
[14] Se vós pedirdes algo em meu Nome, Eu o farei.

[15] Se vós me amais, obedecereis aos meus mandamentos.

Jesus promete o Espírito Santo

[5]Waza wathi uTomas: “Nkosi, singàzi nokwazi nje apho uya khona, singáthini ukuyazi indlela eya khona?”
[6]Waphendula uYesu wathi: “Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi. Akukho namnye unokuya kuBawo engayi ngam.

[7]Nindazi nje mna, niyamazi noBawo. Ngoku ke niyamazi, nimbonile nokumbona.”
[8]UFilipu wabhekisa kuYesu, wathi: “Nkosi, khawusibonise uYihlo; kosanelisa.”
[9]Wathi kuye uYesu: “Kunini na ndikunye nani, Filipu; ngaba akukandazi? Lowo ubone mna, ubone uBawo. Utsho ngani wena ukuthi mandinibonise uBawo?
[10]Ngaba akukholwa na okokuba mna ndikuye uBawo, abe noBawo ekum? Endikuthethileyo kuni ke andikuthethi kuphuma kum. Oko ndikwenzayo kwenziwa nguBawo ohleli kum.
[11]Kholwani kwendikuthethayo xa ndithi ndikuye uBawo, ekum noBawo. Ukuba anikholwa kuba ndisitsho, kholwani ngenxa yezinto endizenzayo.

[12]Inene, okholwayo kum uya kuzenza izinto endizenzayo, ade enze nezinkulu kunezi, kuba ndiya kuBawo.

[13]Ke ngoko nayiphi na into eniyicela kum ndiya kuyenza, ukuze uYise abonakalise amandla akhe ngoNyana.
[14]Nantoni na eniyicela ngegama lam ndiya kuyenza.”

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

[15]“Ukuba niyandithanda noyigcina imiyalelo yam.

[16] E Eu rogarei ao Pai, e Ele vos dará outro Advogado,a fim de que esteja para sempre convosco,

[17] o Espírito da verdade, que o mundo não pode receber, porque não o vê, nem o conhece; vós o conheceis, porque Ele vive convosco e estará dentro de vós.

[18] Não vos deixarei órfãos; voltarei para vós.

[19] Dentro de pouco tempo o mundo não me verá mais; entretanto, vós me vereis. Porque Eu vivo, e vós da mesma forma vivereis.

[20] E naquele dia, entendereis que Eu estou no meu Pai, e vós, em mim, e Eu, em vós.

[21] Aquele que tem os meus mandamentos e obedece a eles, esse é o que me ama; e aquele que me ama será amado por meu Pai, e Eu também o amarei e me revelarei a ele.”

[22] Então, perguntou-lhe Judas : “Senhor, mas por que te revelarás a nós e não ao mundo?”

[23] Jesus respondeu-lhe: “Se alguém me ama, obedecerá à minha Palavra; e meu Pai o amará, e nós viremos até ele e faremos nele nosso lar.

[24] Quem não me ama não obedece às minhas palavras; e a Palavra que vós estais ouvindo não é minha, mas do Pai, que me enviou.

O dom da paz de Cristo

[25] Esses ensinamentos vos tenho ministrado enquanto ainda estou presente entre vós.

[16]Wothi ke uBawo, ndakumcela, aninike omnye uMmeli, ukuze ahlale nani ngonaphakade.

[17]Lo Mmeli nguMoya wenyaniso, lowo ihlabathi lingenako ukumamkela, kuba lingenako ukumbona, lingamazi nokumazi. Nina ke niyamazi, kuba uhleli nani, eya kuba ngaphakathi kuni.

[18]“Ndiyabuya; andiyi kunishiya niziinkedama.

[19]Selisondele ixesha lokuba ihlabathi lingabi sandibona. Kodwa nina niya kundibona, kuba mna ndiyaphila, naye nani niya kuphila.

[20]Ngaloo mini niya kuqonda okokuba ndikuBawo, nani nikum, nam ndikuni.

[21]“Lowo uyamkelayo imiyalelo yam ayigcine, nguye ondithandayo. Lowo ke undithandayo mna, uya kuthandwa nguBawo. Nam ndiya kumthanda, ndizibonakalise kuye.”

[22]Waza uJudas, lowo ungenguye uSikariyoti, wathi kuye: “Nkosi, kutheni na le nto uza kuzibonakalisa kuthi, ungazibonakalisi kulo ihlabathi?”

[23]Waphendula uYesu wathi kuye: “Lowo undithandayo uyawagcina amazwi am. Wothi uBawo amthande, size siye kuye, sihlale kunye naye.

[24]Lowo ungandithandiyo akakwenzi endikuthethayo. Kanti la mazwi eniwave ngam akamazwi am, koko ngakaBawo ondithumileyo.

[25]“Ndinixelele oku ndisekunye nani.

[26] Mas o Advogado, o Espírito Santo, a quem o Pai enviará em meu Nome, esse vos ensinará todas as verdades e vos fará lembrar tudo o que Eu vos disse.

[27] Deixo-vos a paz; a minha paz vos dou. Não vo-la dou como o mundo a dá. Não permitais que vosso coração se preocupe, nem vos deixeis amedrontar.

[28] Vós ouvistes o que Eu disse: 'vou, mas retorno para vós.' Se me amásseis, ficaríeis alegres com o fato de que Eu vou para o Pai, pois o Pai é maior do que Eu.

[29] Eu vo-lo disse agora, antes que aconteça, para que, quando acontecer, creiais.

[30] Eu não vou continuar a falar muito mais convosco, pois o príncipe deste mundo está chegando. Ele não tem direito e nada pode sobre mim;

[31] ainda assim, é vital que o mundo saiba que Eu amo o Pai, e cumpro as ordens que o Pai me deu. Levantai-vos e partamos daqui!

João 15

Continuação das últimas instruções aos discípulos

[1] Eu Sou a videira verdadeira, e meu Pai é o agricultor.

[2] Todo ramo que, estando em mim, não dá fruto, Ele retira; e todo que dá fruto, Ele limpa, para que dê mais fruto ainda.

[3] Vós já estais limpos, pela Palavra que Eu vos tenho transmitido.

[4] Permanecei em mim, e Eu permanecerei em vós. Nenhum ramo pode produzir fruto por si mesmo, se não estiver ligado à

[26]Ke uMmeli uMoya oyiNgcwele, lowo uBawo aya kumthuma egameni lam, uya kunifundisa zonke izinto, anikhumbuze ngako konke endithe ndanixelela kona.

[27]"Ndinishiya noxolo olulolwam, olungafani nakancinane nolweli hlabathi. Ze ningakhathazeki, ningoyiki.

[28]Senditshilo kuni ukuthi ndiyemka, kodwa ndiya kuphinda ndibuyele kuni. Ukuba benindithanda ngenavuyayo nakuva ukuba ndiya kuBawo, kuba yena mkhulu kunam.

[29]Isizathu sokuba ndinixelele ezi zinto ngoku, zingekenzeki, kukuze zakwenzeka nikholwe.

[30]Andisenakuthetha zinto zininzi nani, kuba selesiza umphathi weli hlabathi. Akanagunya kum,

[31]kodwa ukuze ihlabathi liqonde ukuba ndiyamthanda uBawo, yaye ndisenza njengoko uBawo andiyaleleyo, ndithi kuni: 'Phakamani, simke apha.' "

UYohane 15

UYesu ngumdiliya wenene

[1]"Mna ndingumdiliya wenene; umlimi wawo nguBawo.

[2]Onke amasebe akum angavelisi siqhamo uyawasusa; onke avelisa isiqhamo uyawathena, ukuze avelise isiqhamo ngakumbi.

[3]Nina ke senihlambulukile yimfundiso endinifundise yona.

[4]Hlalani nimanyene nam, njengokuba nam ndihleli ndimanyene nani. Kaloku isebe alinako ukuvelisa isiqhamo ngokwalo

videira. Vós igualmente não podeis dar fruto por vós mesmos, se não permanecerdes unidos a mim.

5 Eu Sou a videira, vós os ramos. Aquele que permanece em mim, e Eu nele, esse dará muito fruto; pois sem mim não podeis realizar obra alguma.

6 Se alguém não permanecer em mim, será como o ramo que é jogado fora e seca. Então, esses ramos são juntados, lançados ao fogo e queimados.

7 Se permanecerdes em mim, e as minhas palavras permanecerem em vós, pedireis o que desejardes, e vos será concedido.

8 O que glorifica meu Pai é que deis fruto em abundância; e assim sereis verdadeiramente meus discípulos.

A alegria dos discípulos

9 Assim como o Pai me amou, Eu da mesma forma vos amei. Permanecei no meu amor.

10 Se obedecerdes aos meus mandamentos, permanecereis no meu amor, exatamente como Eu tenho obedecido às ordens do meu Pai e permaneço em seu amor.

11 Tenho-vos dito essas palavras para que a minha alegria permaneça em vós e a vossa felicidade seja completa.

12 E o meu mandamento é este: que vos ameis uns aos outros, assim como Eu vos amei.

13 Não existe maior amor do que este: de alguém dar a própria vida por causa dos seus amigos.

14 Vós sois meus amigos, se praticais o que Eu vos mando.

lingahlalanga limanyene nomdiliya. Ngokukwanjalo ke nani aninakuvelisa siqhamo ningahlalanga nimanyene nam.

5“Ndim umdiliya; nina ningamasebe. Ohlala emanyene nam, ndibe mna ndihleli ndimanyene naye, uya kuvelisa iziqhamo ezininzi. Kaloku aninakwenza nento le nahlukene nam.

6Ongahlali emanyene nam uyalahlwa, afane nesebe elilahliweyo laza loma. Amasebe anjalo ayaqokelelwa, aphoswe emlilweni atshe.

7Xa nihleli nimanyene nam, nisoloko nisenza ngokwamazwi am, nocela nantoni na ke eniyifunayo, niyifumane.

8Udumo lukaBawo luyatshatshela xa nivelisa iziqhamo ezininzi, nisenjenjalo kuba ningabafundi bam.

9Mna ndiyanithanda nina kwanjengoko uBawo andithandayo mna. Hlalani ke nikholose ngokuthandwa ndim.

10Xa niyigcina imiyalelo yam, noba nihlala nikholose ngokuthandwa ndim. Xelisani mna endiyilulameleyo imiyalelo kaBawo, ndihlala ndikholose ngokuthandwa nguye.

11“Ezi zinto ndizithethe kuni ukuze nibe novuyo enilunikwe ndim, luze uvuyo lwenu lugqibelele.

12Umyalelo endiniyala ngawo ngowokuba nithandane njengoko mna ndanithandayo.

13Olona thando lukhulu umntu anokuzithanda ngalo izihlobo zakhe kukuba ubomi bakhe abuncamele zona.

14Nizizihlobo zam ke nina, ukuba niyayenza imiyalelo yam.

[15] Já não vos chamo servos, porque o servo não sabe o que faz seu senhor; mas Eu vos tenho chamado amigos, pois tudo o que ouvi de meu Pai Eu compartilhei convosco.

[16] Não fostes vós que me escolhestes; ao contrário, Eu vos escolhi a vós e vos designei para irdes e dardes fruto, e fruto que permaneça. Sendo assim, seja o que for que pedirdes ao Pai em meu Nome, Ele o concederá a vós.

[17] Este é o meu mandamento: que vos ameis uns aos outros.

O mundo odeia os discípulos

[18] Se o mundo vos odeia, sabei que, antes de vós, odiou a mim.

[19] Se fôsseis do mundo, ele vos amaria como se pertencêsseis a ele. Entretanto, não sois propriedade do mundo; mas Eu vos escolhi e vos libertei do mundo; por essa razão, o mundo vos odeia.

[20] Recordai-vos das palavras que Eu vos disse: 'nenhum escravo é maior do que o seu senhor'. Se me perseguiram, também vos perseguirão. Se obedeceram à minha Palavra, igualmente obedecerão à vossa orientação.

[21] Contudo, o mundo vos tratará mal por causa do meu Nome, pois eles não conhecem Aquele que me enviou.

[22] Se Eu não tivesse vindo e falado ao mundo, eles não seriam culpados. Mas, agora, eles não têm qualquer desculpa pelos pecados que cometeram.

[23] Aquele que me odeia, da mesma forma odeia a meu Pai.

[24] Se Eu não tivesse realizado entre eles obras que ninguém jamais fez, eles não

[15]Andisatsho kuni ukuthi nizizicaka, kuba isicaka asikwazi okwenziwa yinkosi yaso. Ndinibiza ngokuthi nizizihlobo, kuba ndinixelele konke endikuvileyo kuBawo.

[16]Asinini enanyula mna, ndim owaninyulayo nina. Ndanimisela okokuba niqhubele phambili, nivelise iziqhamo ezihlala zikho. Ke ngoko uBawo uya kuninika konke enithi nikucele egameni lam.

[17]Ndiniwisela lo mthetho ke: 'Thandanani!' ”

Ihlabathi liya kubathiya abafundi bakaYesu

[18]“Ukuba ihlabathi lithe lanithiya, ze nikhumbule okokuba lathiya mna kuqala.

[19]Ukuba beningabehlabathi, ihlabathi ngelinithanda okwabalo. Kodwa aningabo abehlabathi, kuba mna ndaninyula kulo ihlabathi. Kungoko linithiyileyo ihlabathi.

[20]Likhumbuleni ilizwi endalithethayo kuni, ndisithi: 'Akukho sicaka sikhulu kunenkosi yaso.' Banditshutshisile mna; ke ngoko bonitshutshisa nani. Abayamkelanga imfundiso yam; neyenu ke abayi kuyamkela.

[21]Ezi zinto zonke baya kuzenza kuni ngenxa yam, kuba abamazi lowo undithumileyo.

[22]Ukuba bendingathethanga nabo, ngebengabanga natyala; kodwa ngoku abanandawo bangalandula ngayo malunga nesono sabo,

[23]kuba ondithiyileyo mna uthiye kwanoBawo.

[24]Ukuba babengandibonanga ndisenza imisebenzi engazange yenziwa mntu,

seriam culpados de pecado. Mas agora eles viram e presenciaram tudo, e mesmo assim odiaram a mim e a meu Pai.

ngebengabanga natyala; kodwa bayibonile imisebenzi yam, kanti noko bandithiyile mna, bamthiyile naye uBawo.

25 Mas isso aconteceu para se cumprir o que está escrito na Lei deles: 'odiaram-me sem razão'.

25Noko, bekumelwe kukuba njalo, ukuze lizaliseke ilizwi elibhaliweyo emthethweni wabo elithi: 'Bandithiya kungekho sizathu mpela.'

26 Quando, porém, vier o Advogado que Eu enviarei para vós da parte do Pai, o Espírito da verdade que provém do Pai, Ele testemunhará a meu respeito.

26"Ndakuba ndifikile kuBawo, ndonithumela uMmeli onguMoya wenyaniso ovela kuBawo. Xa athe wafika yena, wongqina ngam.

27 E vós, também, dareis testemunho, pois estais comigo desde o princípio.

27Nani ke niya kungqina ngam, kuba beninam kwasekuqaleni.

João 16

Continuação das últimas instruções aos discípulos

1 Eu vos tenho prevenido sobre estes acontecimentos para que não vacileis na fé.

UYohane 16

1"Ndinixelele ezi zinto ukuze ningahlehli elukholweni.

2 Eles vos expulsarão das sinagogas; e mais: chegará o tempo quando quem vos matar pensará que está prestando um culto a Deus.

2Niya kusikwa ezindlwini zesikhungo; ewe, kuya kufika ixesha lokuba bonke abanibulalayo bacinge ukuba bakhonza uThixo ngokwenjenjalo.

3 Cometerão essas atrocidades porque não conhecem o Pai, tampouco a mim.

3Ezo zinto baya kuzenza kuni, kuba bengamazanga uBawo, bengandazanga nam.

4 Entretanto, tudo isso vos tenho dito para que, quando o momento chegar, vos lembreis de que Eu vos adverti. Não vos disse isso desde o começo, porque Eu estava convosco.

4Ndinixelela ezi zinto ukuze kuthi, lakufika ixesha lokuba ezi zinto bazenze, nikhumbule okokuba ndandinixelele."

Umsebenzi kaMoya oyiNgcwele

"Ekuqaleni andinixelelanga ezi zinto, kuba bendikunye nani.

A obra do Espírito Santo

5 Agora, porém, Eu vou para junto daquele que me enviou, e nenhum de vós me pergunta: 'Para onde vais?'

5Kodwa ngoku ndiyemka, ndiya kulowo undithumileyo. Akukho namnye kuni undibuzayo ukuba ndiya phi na,

6 Sei que, ao dizer-vos sobre o que ocorrerá, o vosso coração foi tomado de tristeza.

6kuba iintliziyo zenu zizaliswe bubuhlungu kukundiva ndinixelela ezi zinto.

[7] Todavia, Eu vos asseguro que é para o vosso bem que Eu parta. Se Eu não for, o Advogado não poderá vir para vós; mas se Eu for, Eu o enviarei.

[8] Quando, então, Ele vier, convencerá o mundo do seu pecado, da justiça e do juízo.

[9] Do pecado, porque a humanidade não crê em mim;

[10] da justiça, porque vou para o Pai e vós não me vereis mais;

[11] e do juízo, porque o príncipe deste mundo já está condenado.

[12] Eu ainda tenho muitas verdades que desejo vos dizer, mas seria demais para o vosso entendimento neste momento.

[13] No entanto, quando o Espírito da verdade vier, Ele vos guiará em toda a verdade; porque não falará por si mesmo, mas dirá tudo o que tiver ouvido e vos revelará tudo o que está por vir.

[14] O Espírito me glorificará, porque receberá do que é meu e vos anunciará.

[15] Tudo quanto o Pai tem, pertence a mim. Por isso é que Eu disse que o Espírito receberá do que é meu e o revelará a vós.

O sofrimento se tornará em alegria

[16] Mais algum tempo e já não me vereis mais; momentos depois, e me vereis de novo.”

[17] Então, alguns dos discípulos comentaram entre si: “O que Ele quer dizer com isto: ‘mais algum tempo e já não me vereis mais’ e ‘momentos depois, e me vereis de novo’ e ‘porque vou para o Pai’?”

[7]Kodwa ndinixelela inyaniso; kunilungele ukuba ndimke. Ukuba andithanga ndemka, akayi kuza kuni uMmeli; kodwa ukuba ndithe ndemka, ndiya kumthumela kuni.

[8]Uya kuthi ke akufika ababonise abantu beli hlabathi into esiyiyo isono sabo, into obuyiyo ubulungisa babo, nento okuyiyo ukugwetywa:

[9]isono esi kukuba bengakholwa kum;

[10]ubulungisa obu kukuba ndisiya kuBawo, nize ningabi sandibona;

[11]umgwebo lo kukuba selegwetyiwe umphathi weli hlabathi.

[12]“Ziseninzi izinto endinokuzithetha nani, kodwa zinganixakaka okwangoku.

[13]Xa ke athe wafika yena uMoya wenyaniso, uya kunikhokelela kuyo yonke inyaniso. Akayi kuthetha ngegunya elilelakhe, koko uya kuthetha izinto azivileyo, anichazele izinto ezizayo.

[14]Yena uya kundenzela iwonga, kuba izinto anichazela zona ziya kuba zezivela kum.

1 Em meu primeiro livro, caro Teófilo, escrevi a respeito de tudo o que Jesus começou a realizar e a ensinar,

2 até o dia em que foi elevado aos céus, logo após haver entregue seus mandamentos, por intermédio do Espírito Santo aos apóstolos que havia escolhido.

3 Depois do seu martírio, Jesus apresentou-se a eles e deu-lhes muitas provas incontestáveis da sua ressurreição. Aparecendo-lhes por um período de quarenta dias seguidos e ensinando-lhes acerca do Reino de Deus.

4 Certa ocasião, enquanto ceava com eles, ordenou-lhes que não se ausentassem de Jerusalém, mas que aguardassem a promessa do Pai, a qual, salientou Ele: "De mim ouvistes!

5 Porquanto João, de fato, batizou com água, entretanto dentro de poucos dias vós sereis batizados com o Espírito Santo".

6 Então, os que se haviam reunido lhe consultaram: "Senhor, será este o tempo em que restaurarás o Reino a Israel?"

7 Ele lhes afirmou: "Não vos compete saber as épocas ou as datas que o Pai estabeleceu por sua exclusiva autoridade.

8 Contudo, recebereis poder quando o Espírito Santo descer sobre vós, e sereis

Umsebenzi Wabathunywa 1

Isithembiso ngoMoya oyiNgcwele

1Kwincwadi yam yokuqala, Tiyofilo, ndabhala ndibalisa ngazo zonke izinto uYesu awasungula ngazo ukwenza nokufundisa,

2kude kuye kuthi gaa ngaloo mhla wanyuselwa ngawo ezulwini nguThixo. Ngaphambi kokuba anyuswe uYesu, wathi ngoMoya oyiNgcwele wawayala loo madoda awawanyulayo ukuba abe ngabathunywa.

3Emva kokubandezelwa nokufa kwakhe wazibonakalisa kuloo madoda ngeziganeko ezininzi ukuba uvukile. Kwithuba leentsuku ezingamashumi amane abathunywa babemana bembona, ethetha nabo ebaxelela ngezolawulo lukaThixo.

4Esitya kunye nabo wabayala wathi: "Ze ningemki eJerusalem. Hlalani nilinde isipho esathenjiswa nguBawo, esiya ndanixelela ngaso.

5Kaloku uYohane yena wayebabhaptiza ngamanzi abantu; ke nina, kungekudala, uThixo uza kunibhaptiza ngoMoya oyiNgcwele."

6Xa babendawonye, abathunywa bambuza uYesu besithi: "Nkosi, ngaba uza kulubuyisela kwangoku na ulawulo kumaSirayeli?"

7UYesu uphendule wathi: "Asiyondawo yenu ukuwazi amathuba namaxesha uBawo agqiba yedwa ngawo.

8Nina niya kunikwa amandla, akufika kuni uMoya oyiNgcwele, nindingqinele

minhas testemunhas, tanto em Jerusalém, como em toda a Judeia e Samaria, e até os confins da terra!”

[9] Tendo dito estas palavras, foi Jesus elevado às alturas enquanto eles o contemplavam, até que uma nuvem o encobriu da vista deles.

[10] E aconteceu que estando eles com os olhos fixos no céu, enquanto Ele subia, surgiram junto deles dois homens vestidos de branco,

[11] que lhes comunicaram: “Homens galileus, por que estais contemplando as alturas? Esse Jesus, que dentre vós foi elevado ao céu, retornará do mesmo modo como o viste subir”.

[12] Então, eles voltaram para Jerusalém, vindo do monte chamado das Oliveiras, que fica próximo a Jerusalém, à distância de cerca de um quilômetro.

[13] Assim que chegaram, subiram a um grande aposento onde se hospedavam. Estavam presentes: Pedro e João, Tiago e André, Felipe e Tomé, Bartolomeu e Mateus; Tiago, filho de Alfeu, Simão, o Zelote, e Judas, filho de Tiago.

[14] Todos estes, perseveravam unânimes em oração, juntamente com as mulheres, com Maria, mãe de Jesus, e com os irmãos dele.

Matias é escolhido apóstolo em lugar de Judas

[15] Naqueles dias, sendo o número de pessoas ali reunidas cerca de cento e vinte,

ebantwini baseJerusalem, nabakulo lonke elakwaJuda, nabaseSamariya, kude kuse naseziphelweni zomhlaba.”

Unyuko lukaYesu

[9]Akuba etshilo uYesu, wanyuselwa ezulwini, bejongile abafundi bakhe. Lamsitha ilifu, ababa sambona.

[10]Besakhangele ukumka kwakhe, bondele esibhakabhakeni apho, nango amadoda amabini, ambethe ezimhlophe, emi ngakubo,

[11]abuza athi: “Madoda, maGalili, nimele ntoni apha nikhangele phezulu nje? UYesu lo nimbone enyuselwa ezulwini, uya kubuya kwangolu hlobo nimbone esimka ngalo.”

Abafundi ababekho ngonyuko

[12]Baza babuyela eJerusalem, bevela entabeni ekuthiwa yeyeMinquma, ekufuphi neJerusalem umgama omalunga nekhilomitha enye.

[13]Bakungena esixekweni, banyukela egumbini eliphezulu, apho babehlala khona. YayinguPetros, noYohane, noYakobi, noAndreya; uFilipu noTomas; uBhartolomeyu noMatewu; uYakobi unyana ka-Alifeyu, noSimon iTsha-ntliziyo, kwakunye noJudas unyana kaYakobi.

[14]Bonke aba babezingisa ukuthandaza ngamxhelo mnye, kukho namanina, ekho noMariya unina kaYesu nabantakwabo-Yesu.

Ukunyulwa komthunywa esikhundleni sikaJudas

[15]Ngaloo mihla xa babehlangene ndawonye abakholwayo bemalunga nekhulu

Pedro se levantou no meio dos irmãos e declarou:

16 “Irmãos, era necessário que se cumprisse a Escritura que o Espírito Santo predisse por meio da boca de Davi, acerca de Judas, que serviu de guia aos que prenderam Jesus.

17 Ele foi contado como um dos nossos e teve parte neste ministério”.

18 Com o pagamento que recebeu pelo seu pecado, Judas comprou um campo. Ali caiu de cabeça, seu corpo partiu-se ao meio, e as suas vísceras todas se derramaram.

19 Todos em Jerusalém ficaram sabendo desse fato; de maneira que, na própria língua deles, essas terras passaram a se chamar Aceldama, que significa: Campo de Sangue.

20 “Porquanto”, continuou Pedro, “está escrito no Livro de Salmos:‘Fique deserto o seu lugar, e não haja ninguém que nele habite’; e ainda: ‘Que outro ocupe o seu lugar’”.

21 Sendo assim, é preciso que escolhamos um dos homens que estiveram conosco durante todo o tempo em que o Senhor Jesus viveu entre nós,

22 desde o batismo de João até o dia em que Jesus foi elevado dentre nós ao céu. É fundamental que um deles seja conosco testemunha de sua ressurreição.

23 Então, propuseram dois nomes: José, chamado Barsabás, também conhecido como Justo, e Matias.

elinamashumi amabini bebonke, waphakama uPetros, wathi:

16“Madoda, mawethu, bekufanelekile ukuba kuzaliseke okwathethwa nguMoya oyiNgcwele, esebenzisa uDavide ukuxela okuya kwenzeka kuJudas, lowo wabakhokelela kuYesu abo bambambayo.

17UJudas lo ebengomnye wethu, enenxaxheba kulo msebenzi sikuwo.”

(18Kaloku le ndoda yathenga umhlaba ngaloo mali yayifumana ngenkohlakalo. Yawa ngesisu, sagqabhuka, zaphalala izibilini kuloo ndawo.

19Le ntlekele yaduma kulo lonke elaseJerusalem; baza bayithiya igama loo ndawo, bathi yiAkeldama ngolwini lwabo, igama elithetha umhlaba wegazi.)

20“Kuba kaloku kwiNcwadi yeeNdumiso kubhalwe kwathiwa: “ ‘Mawube linxiwa umzi wakhe; makungahlali nabani kuwo.’ “Kwakhona kuthiwa: “ ‘Masithathwe ngomnye isikhundla sakhe.’

21-22“Ngoko ke, makubekho enye indoda ethatha indawo yakhe. Kufuneka ibe ngumntu obesoloko ekunye nathi ngalo lonke elaa xesha iNkosi yayijikeleza phakathi kwethu; umntu owayekho ukususela kanye ngelaa xesha uYohane wayebhaptiza, kude kuze kuthi gaa ngomhla wonyuko. Nguloo mntu ke onokungqina kunye nathi ngokuvuka kweNkosi yethu.”

23Baza baphakamisa amagama amadoda amabini: uJosefu owayesaziwa ngokuba nguBharsabha, obizwa nangokuba nguYusto, kwakunye noMatiya.

[24] E, orando, afirmaram: “Tu, Senhor, que conheces o coração de todas as pessoas, mostra-nos qual destes dois homens tens escolhido

[25] para assumir a vaga neste ministério e apostolado, do qual Judas se desviou, indo para o lugar que lhe era devido”.

[26] Em seguida, lançaram sortes quanto a eles e a sorte caiu sobre Matias; assim, ele foi acrescentado aos onze apóstolos.

[24]Bathandaza ke benjenje: “Nkosi, wena uzaziyo iingcinga zeentliziyo zabantu bonke, sahlulele phakathi kwala madoda mabini, usibonise eyona uyinyulele

[25]kwisikhundla sokukukhonza ingumthunywa, eso satyeshelwa nguJudas ukuze aye kuloo ndawo imfaneleyo.”

[26]Abhalwa ke la magama omabini, kwenziwa amaqashiso, kwaphumelela elikaMatiya; waza wabalelwa ekubeni ngumthunywa kunye nabanye abalishumi elinanye.

Atos 2

A descida do Espírito Santo

[1] E ao completar-se o dia de Pentecoste, estavam todos reunidos num só lugar.

[2] De repente, veio do céu um barulho, semelhante a um vento soprando muito forte, e esse som tomou conta de toda a Casa onde estavam assentados.

[3] Então, todos viram distribuídas entre eles línguas de fogo, e pousou uma sobre cada um deles.

[4] E todas as pessoas ali reunidas ficaram cheias do Espírito Santo, e começaram a falar em outras línguas, de acordo com o poder que o próprio Espírito lhes concedia que falassem.

[5] Ora, estavam morando em Jerusalém, judeus, tementes a Deus, vindos de todas as partes do mundo.

[6] Ao ouvirem aquele estrondo, ajuntou-se um grande número de pessoas; e ficaram maravilhados, pois cada um ouvia falar em sua própria língua.

Umsebenzi Wabathunywa 2

Ukufika kukaMoya oyiNgcwele

[1]Ekufikeni komhla wePentekoste babehlangene ndawonye bonke.

[2]Ngesaquphe beva isandi esingathi kukuza komoya omkhulu, uvuthuza esibhakabhakeni. Sayizalisa indlu ababehleli kuyo isandi eso.

[3]Kwabonakala amadangatye angathi ziilwimi, laza lalelo idangatye lahlala kumntu ngamnye kubo.

[4]Bazaliswa ke bonke nguMoya oyiNgcwele, baza bathetha ngalwimi zimbi, njengoko uMoya wabaphayo.

[5]EJerusalem apho kwakukho amaJuda, abantu ababenenzondelelo ngezinto zikaThixo, bevela kuzo zonke izizwe zehlabathi.

[6]Bakukuva oko kwakusenzeka, kwahlanganisana indimbane yabantu, bonke bemangalisiwe kukuva abalandeli bakaYesu bethetha iilwimi zabo.

[7] Perplexos e admirados comentavam uns com os outros: “Porventura, não são galileus todos esses que estão falando?

[8] Como, então, cada um de nós os ouve falar em nossa própria língua materna?

[9] Nós que somos partos, medos e elamitas; habitantes da Mesopotâmia, Judeia e Capadócia, do Ponto e da província da Ásia,

[10] Frígia e Panfília, Egito e das partes da Líbia próximas a Cirene, e romanos que estão morando aqui, tanto judeus como convertidos ao judaísmo;

[11] cretenses e árabes, todos nós os ouvimos discursar sobre as grandes realizações de Deus em nossa própria língua!”

[12] E todos estavam absolutamente assustados e confusos, perguntando uns aos outros: “O que significa tudo isto?”

[13] Entretanto, outros, para ridicularizá-los, exclamavam: “Esses estão cheios de vinho novo!”

O discurso de Pedro

[14] E aconteceu que, colocando-se em pé, juntamente com os Onze, Pedro tomou a palavra e, em alta voz, pregou à multidão reunida: “Homens judeus e todos os que habitais em Jerusalém, permitais que vos esclareça o que se passa! Dai, pois, atenção às minhas palavras.

[15] Estes homens não estão embriagados, como pensais. Até porque são apenas nove horas da manhã.

[16] Muito diferente disto. O que está ocorrendo foi predito pelo profeta Joel:

[7]Bethe khumnqa, bathi: “Okunene aba bantu ngamaGalili bonke!

[8]Ke, kutheni le nto sonke ngabanye sibeva bethetha nathi ngolwimi lweenkobe?

[9]Thina singamaParti, namaMedi, namaElam, nabaseMesopotami, nabakwaJuda, nabaseKapadoki; singabasePonto naseAsiya,

[10]eFrigi nasePamfili, naseJiputa nabemimandla yaseLibhiya engaseKirene, nabahambi abavela eRoma.

[11]SingamaJuda nabangeni buJudeni, amaKrete nama-Arabhu. Siyabeva beyithetha ngeelwimi zethu imisebenzi yamandla kaThixo.”

[12]Bethe nqa ke bexakiwe, babuzana bathi: “Awu! Ngaba ithetha ntoni le nto?”

[13]Abanye baphoxisa ngabo, bathi: “À, suka! Banxilile!”

Intetho kaPetros ngomhla wePentekoste

[14]Waphakama uPetros, wabhekisa ebantwini, ethetha egameni labafundi abalishumi elinambini, wathi: “Mawethu, maJuda, nani nonke bemi baseJerusalem, phulaphulani nibeke iindlebe, nantsi indawo emaniyiqonde:

[15]La madoda akanxilanga njengoko niba kunjalo nina, kuba kusekusasa ngentlazane,

[16]koko le nto yenzekayo yileya yaxelwa ngumshumayeli uJoweli esithi:

17 ‘Nos últimos dias, diz o Senhor, que derramarei do meu Espírito sobre todos os povos, os seus filhos e as suas filhas profetizarão, os jovens terão visões, os velhos terão sonhos.

18 Sobre os meus servos e as minhas servas derramarei do meu Espírito naqueles dias, e eles profetizarão.

19 Mostrarei maravilhas em cima, no céu, e sinais embaixo, na terra: sangue, fogo e nuvens de fumaça.

20 O sol se tornará em trevas e a lua em sangue, antes que venha o grande e glorioso Dia do Senhor.

21 E todo aquele que invocar o nome do Senhor será salvo!’.

22 Israelitas, escutai estas palavras: Jesus de Nazaré, homem aprovado por Deus diante de vós por meio de milagres, feitos portentosos e muitos sinais, que Deus por meio dele realizou entre vós, como vós mesmos bem sabeis,

23 este homem vos foi entregue por propósito determinado e pré-conhecimento de Deus; mas vós, com a cooperação de homens perversos, o assassinaram, pregando-o numa cruz.

24 Contudo, Deus o ressuscitou dos mortos, rompendo os laços da morte, porque era impossível que a morte o retivesse.

25 A respeito dele afirmou Davi: ‘Eu sempre via o Senhor diante de mim. Porque está à minha direita.

17“ ‘Yiyo le into endiya kuyenza ngemihla yokugqibela;’ utsho uThixo: ‘Ndiya kugalela uMoya wam kulo lonke uluntu, oonyana neentombi zenu zishumayele, abafana babone imibono, amaxhego aphuphe amaphupha.

18Ewe, nezicaka nezicakazana zam ndiya kuzigalela ngoMoya wam ngaloo mihla, zize zishumayele.

19Ndiya kwenza imiqondiso esibhakabhakeni phezulu, nezimanga emhlabeni phantsi. Kuya kubakho igazi nomlilo nentshinyela yomsi.

20Ilanga liya kujika libe bubumnyama, inyanga ibe bomvu njengegazi, phambi kokufika kwaloo mhla mkhulu udumileyo weNkosi.

21Kananjalo nabani na othe wabiza igama leNkosi uya kusindiswa.’

22“MaSirayeli, phulaphulani la mazwi: UYesu waseNazarete yindoda eyâlathwa nguThixo, yaza yabonakaliswa ngemisebenzi yamandla nemimangaliso nangemiqondiso awayenzayo uThixo ngayo. Nani ngokwenu niyayazi loo nto, kuba yenzeka phakathi kwenu apha.

23Lo Yesu ke, wanikelwa kuni ngokuthanda nangokwazi kukaThixo, nambulala ngokumnikela ukuba abethelelwe emnqamlezweni ngabantu abangawukhathalelanga umthetho wethu.

24UThixo ke yena wamvusa, wamkhulula kwiintlungu zokufa, kuba ukufa kwakungenawo amandla okumbophelela.

25Kaloku uDavide uthi ngaye: “ ‘Ndasoloko ndiyibona iNkosi iphambi kwam

26 Por esse motivo, o meu coração está alegre e a minha língua exulta; o meu corpo também repousará em esperança,

27 porque tu não me abandonarás no sepulcro, nem permitirás que o teu Santo sofra decomposição.

28 Tu me fizeste conhecer os caminhos da vida e me encherás de alegria na tua presença'.

29 Caros irmãos, concedei-me a licença de falar-vos com toda franqueza que o patriarca Davi morreu e foi sepultado, e o seu túmulo está entre nós até o dia de hoje.

30 Todavia, ele era profeta e sabia que Deus lhe prometera sob juramento que colocaria um dos seus descendentes em seu trono.

31 Antevendo isso, profetizou sobre a ressurreição do Cristo, que não foi abandonado no sepulcro e cujo corpo não sofreu decomposição.

32 Deus ressuscitou este Jesus, e todos nós somos testemunhas deste fato.

33 Exaltado à direita de Deus, Ele recebeu do Pai o Espírito Santo prometido e derramou o que vós agora vedes e ouvis.

34 Porquanto, Davi não foi elevado aos céus, mas ele mesmo declarou: 'O Senhor disse ao meu Senhor: Senta-te à minha direita

35 até que Eu ponha os teus inimigos como estrado para os teus pés'.

ngamaxesha onke. Yintonga yam yasekhosi iNkosi, ngoko andiyi kuchukunyiswa nto.

26Kungoko yagcobayo intliziyo yam, ndathetha ndinemivuyo. Ngaphezu koko ndiya kuhlala ndinethemba lokuba andiyi kufa,

27kuba akuyi kuwuyeka kwelabafileyo umphefumlo wam, ungayi kusiyeka sibole isicaka sakho esikholekileyo.

28Undazisile iindlela zobomi; ndaye ndiya kuzala luvuyo ngenxa yobukho bakho.'

29"Mawethu, mandithethe ngokucacileyo kuni ngokhokho wethu uDavide. Yena wafa, waza wangcwatywa; yaye nengcwaba lakhe lilapha unanamhlanje.

30Njengokuba wayengumshumayeli, wayesazi isithembiso sokuba uThixo wafunga ukuba omnye kubazukulwana bakhe uya kuba ngukumkani njengaye.

31Walubona ke kwangaphambili uvuko lukaKrestu, wathetha ngalo, exela ukuba akayi kuyekwa kwelabafileyo, futhi engayi kubola.

32UThixo ke wamvusa ekufeni lo Yesu; saye ke thina sonke singamangqina aloo nto.

33Njengoko anyuselwe ewongeni kuThixo, wamkele uMoya oyiNgcwele, lowo wathenjiswayo nguYise. Le nto ke niyibonayo niyivayo ngoku kukugalelwa kwaloo Moya kuthi.

34Kaloku uDavide akanyukelanga ezulwini yena ngokwakhe, koko uthi: " 'INkosi yathi eNkosini yam: Hlala ngakum kweli wonga

35lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.'

36 Sendo assim, que todo o povo de Israel tenha absoluta certeza disto: Este Jesus, a quem vós crucificastes, Deus o fez Senhor e Messias!"

36"Ngenxa yoko qinisekani, mzi kaSirayeli, ukuba lo Yesu enambethelela emnqamlezweni, uThixo ummisele wayiNkosi ekwanguKrestu."

As primeiras conversões

37 Ao ouvirem tais palavras, ficaram agoniados em seu coração, e desejaram saber de Pedro e dos outros apóstolos: "Caros irmãos! O que devemos fazer?"

37Yabahlabanisela kakhulu intetho kaPetros abantu, bakuba beyivile; baza bathi kuPetros nabathunywa ababenaye: "Kufuneka senze ntoni, mawethu?"

38 Orientou-lhes Pedro: "Arrependei-vos e cada um de vós seja batizado em o nome de Jesus Cristo para o perdão de vossos pecados; e recebereis o dom do Espírito Santo.

38Wathi uPetros kubo: "Guqukani ezonweni zenu nonke ngabanye, nibhaptizwe egameni likaYesu Krestu, ukuze nixolelwe izono zenu, nize namkele isipho soMoya oyiNgcwele.

39 Porquanto a promessa pertence a vós, a vossos filhos e a todos os que estão distantes. Enfim, para todos quantos o Senhor, nosso Deus, chamar!"

39Kuba isithembiso esenziwa nguThixo senzelwa nina nabantwana benu, kwanâbo bakude, bebonke abo iNkosi uThixo wethu ibabizayo."

40 E com muitas outras palavras dava seu testemunho pessoal e os encorajava, proclamando: "Sede salvos desta geração que perece!"

40Wathetha wophela ke uPetros ebaluleka esithi: "Zahlukaniseni naba bantu bakhohlakeleyo, khon' ukuze ningehlelwa sisohlwayo sabo."

41 Assim, todos quantos aceitaram a sua palavra foram batizados; e naquele mesmo dia juntaram-se a eles cerca de três mil pessoas.

41Abantu abaninzi balwamkela olu daba, baza babhaptizwa. Baba ngamawaka amathathu abantu abongezelelwayo enanini labo.

Como viviam os novos cristãos

42 Eles perseveravam no ensino dos apóstolos e na comunhão, no partir do pão e nas orações.

42Babehlangana rhoqo, bedlelana ngokuphulaphula iimfundiso zabathunywa, nangokuqhekeza isonka, nangokuthandaza.

Intlalo yamakholwa okuqala

43 E na alma de cada pessoa havia pleno temor, e muitos feitos extraordinários e sinais maravilhosos eram realizados pelos apóstolos.

43Imiqondiso nemimangaliso emininzi awayenza ngabathunywa uThixo yatsho yabakhohla abantu.

44 Todos os que criam estavam unidos e tinham tudo em comum.

44Bonke abakholwayo bahlala bebambene, bedlelana ngezinto abanazo omnye nomnye.

[45] Vendiam suas propriedades e bens, e dividiam o produto entre todos, segundo a necessidade de cada um.

[46] Diariamente, continuavam a reunir-se no pátio do templo. Partiam o pão em suas casas e juntos participavam das refeições, com alegria e sinceridade de coração,

[47] louvando a Deus por tudo e sendo estimados por todo o povo. E, assim, a cada dia o Senhor juntava à comunidade as pessoas que iam sendo salvas.

Atos 3

A cura de um coxo. O discurso de Pedro no templo

[1] Certa ocasião, Pedro e João estavam subindo ao templo na hora da oração, isto é, às três horas da tarde.

[2] E aconteceu que um homem, aleijado de nascença, estava sendo carregado para um dos portões do templo, chamado Portão Formoso. Todos os dias o colocavam ali para pedir esmolas aos que entravam no templo.

[3] Quando viu que Pedro e João iam entrar no templo, pediu que lhe dessem um donativo.

[4] Fixando nele o olhar, Pedro, em companhia de João, disse: “Olha para nós!”

[5] E o homem olhou para eles com atenção, na expectativa de receber deles alguma ajuda.

[6] Então, afirmou-lhe Pedro: “Não possuo prata nem ouro, mas o que tenho, isso te dou: em o Nome de Jesus Cristo, o Nazareno, ergue-te e anda!”

[7] E, segurando-o pela mão direita, ajudou-o a levantar-se e, naquele mesmo instante, os pés e tornozelos do homem ficaram firmes.

[45]Babethengisa ngempahla yabo, babelane ngemali leyo ngokweentswelo zomntu ngamnye.

[46]Imihla ngemihla babehlangana rhoqo endlwini kaThixo, babuye batye kunye emakhaya bechwayitile bebelezelana,

[47]bembonga uThixo, bamkelekile kubantu bonke. Mihla le uThixo wayelongeza inani labo ngabo basindiswayo.

Umsebenzi Wabathunywa 3

Ukuphiliswa kwesiqhwala

[1]Ngamhla uthile uPetros noYohane baya endlwini kaThixo ngexesha lomthandazo, ngentsimbi yesithathu emva kwemini.

[2]Apho esangweni lendlu kaThixo ekwakusithiwa liSango eLihle, kwakukho indoda eyayisisiqhwala kwasekuzalweni kwayo. Yayidla ngokusiwa khona yonke imihla ukuze icele amalizo kwabangenayo.

[3]Yakubona uPetros noYohane bengena, yacela ukuba bayilize.

[4]Bayijonga, waza uPetros wathi: “Khangela apha!”

[5]Yajonga kubo ke ilindele into abaza kuyinika yona.

[6]Uthe uPetros: “Imali andinayo, kodwa ndiza kukunika into endinayo – egameni likaYesu Krestu waseNazarete, ndithi kuwe: ‘Phakama, uhambe.’ ”

[7]Akuba etshilo, wayibamba ngesandla sokunene, wayiphakamisa. Ngoko nangoko iinyawo namaqatha ayo omelela.

[8] E de um salto pôs-se em pé e começou a andar. Logo em seguida, entrou com eles no pátio do templo, andando, saltando e louvando a Deus.

[9] Quando todo o povo o viu andando e adorando a Deus,

[10] reconheceu que era ele, aquele mesmo homem que estivera prostrado junto ao Portão Formoso do templo; e ficaram plenos de temor e perplexidade com o que lhe acontecera.

[11] Apegando-se o mendigo a Pedro e João, todo o povo correu maravilhado para junto deles, num lugar chamado Pórtico de Salomão.

[12] Ao perceber isso, Pedro exclamou ao povo: “Varões de Israel, por que vos admirais a respeito disso? Por que estais olhando para nós, como se tivéssemos feito este homem andar por nosso próprio poder ou santidade?

[13] O Deus de Abraão, de Isaque e de Jacó, o Deus dos nossos antepassados, glorificou a seu Servo Jesus, a quem vós entregastes para ser morto e, diante de Pilatos, o rejeitastes, quando este havia decidido soltá-lo.

[14] Todavia, vós negastes publicamente o Santo e Justo, e pedistes que um assassino fosse libertado.

[15] Vós matastes o Autor da vida, a quem Deus ressuscitou dentre os mortos. E nós somos testemunhas deste fato.

[16] Pela fé em o Nome de Jesus, o Nome curou este homem que aqui vedes e bem o conheceis; sim, a fé que vem por meio de

[8]Yatsho umtsi, yema ngeenyawo, yahamba-hamba. Yaza yangena nabo endlwini kaThixo, ihamba itsiba-tsiba, ibulela uThixo.

[9]Bonke abantu ababelapho bayibona ihamba ibulela uThixo.

[10]Baqonda ukuba ngulaa mngqibi wayedla ngokuhlala eSangweni eLihle lendlu kaThixo, bonke bathi manga yinto eyenzeke kuye.

Intetho kaPetros endlwini kaThixo

[11]Njengoko le ndoda yathi nca kuPetros noYohane, basuka abantu beza begxalathelana kubo bemangalisiwe evarandeni ekuthiwa yekaSolomon.

[12]Akubabona abantu, uPetros wabhekisa kubo wathi: “MaSirayeli, kungani ukuba inimangalise le nto? Khona kutheni ukuba nisijonge ngathi wenziwe ngamandla ethu nangokwethu ukukholeka kuThixo ukuba ahambe lo mntu?

[13]UThixo ka-Abraham, kaIsake, kaYakobi, uThixo woobawo bethu, ngesi senzo usinike iwonga isicaka sakhe uYesu. Nina namnikela namkhanyela phambi koPilato, nangona yena wayefuna ukumkhulula.

[14]Namkhanyela umnyulwa olilungisa! Endaweni yakhe nacela uPilato ukuba anikhululele isihange.

[15]Nayibulala imbangi yobomi; ke yena uThixo wayivusa ekufeni. Yeyona nto singqina yona ke leyo.

[16]Kukuvuma nokuzinikela kwigama likaYesu okuyomelezileyo le ndoda niyibonayo, niyaziyo. Ligunya legama lakhe

Jesus deu a este, agora, saúde perfeita, como todos podem observar.

17 Contudo, irmãos, eu sei que o que vós e vossos líderes fizeram com Jesus foi sem o perfeito conhecimento do que estavam praticando.

18 Entretanto, foi desta forma que Deus cumpriu o que tinha predito por todos os profetas, anunciando que o seu Cristo haveria de sofrer.

19 Arrependei-vos, portanto, e convertei-vos para que assim sejam apagados os vossos pecados,

20 de modo que da presença do Senhor venham tempos de refrigério, e Ele envie o Cristo, que já vos foi previamente designado: Jesus.

21 É necessário que Jesus permaneça no céu até que chegue o tempo em que Deus restaurará todas as coisas, conforme já decretou há muito tempo, por intermédio dos seus santos profetas.

22 Porquanto declarou Moisés: ‘O Senhor Deus levantará dentre vossos irmãos um profeta como eu; a Ele ouvireis em tudo que vos ordenar.

23 E acontecerá que toda pessoa que não ouvir esse profeta será exterminada dentre o povo’.

24 Em verdade, todos os profetas, de Samuel em diante, um por um, pregaram e predisseram estes dias.

25 E vós sois os herdeiros dos profetas e da aliança que Deus estabeleceu com vossos antepassados. Ele declarou a Abraão: ‘Por

elimenze waphila njengokuba nimbona elapha phambi kwenu nje lo mntu.

17“Ndiyazi ke, mawethu, ukuba nina neenkokheli zenu le nto niyenze kuYesu ngokungazi.

18Loo nto ngoko uThixo wayazisayo ngabo bonke abashumayeli, yokuba umelwe kukubandezeleka, uyizalisekisile.

19Guqukani ke ngoko, nibuyele kuThixo, ukuze zicinywe izono zenu;

20nize nifumane amathuba okuhlaziyeka komoya evela eNkosini, nokuze imthumele uYesu onguKrestu oselenikwe nina.

21Yena uya kuhlala ezulwini kude kufike ixesha lokuhlaziywa kwezinto zonke, njengoko uThixo wâzisáyo mandulo ngabashumayeli bakhe abanyuliweyo.

22Kaloku uMosis wathi: ‘INkosi uThixo wenu iya kunithumela umshumayeli ophuma kwalapha kumawenu njengam. Maze nimphulaphule kuyo yonke into anixelela yona.

23Nabani na ke ongamphulaphuliyo lo mshumayeli uya kusikwa ebantwini bakaThixo atshatyalaliswe.’

24Abashumayeli bonke ukususela kuSamweli nabo bamlandeláyo, bayixela le mihla sikuyo.

25Nisisizukulwana sabashumayeli, ninenxaxheba kumnqophiso owenziwa nguThixo nooyihlo-mkhulu, xa wathi

meio da sua descendência, todos os povos da terra serão abençoados’.

26 Sendo assim, tendo Deus ressuscitado o seu Servo, enviou-o primeiramente para vós, a fim de abençoá-los, convertendo cada um de vós das vossas vidas pecaminosas”.

Atos 4

Pedro e João perante o Sinédrio

1 Enquanto Pedro e João estavam falando ao povo, chegaram os sacerdotes, o capitão dos guardas do templo e os saduceus.

2 Eles estavam muito perturbados porque os apóstolos estavam ensinando o povo e proclamando em Jesus a ressurreição dos mortos.

3 Então, prenderam Pedro e João e os lançaram ao cárcere até o dia seguinte, pois já estava anoitecendo.

4 Entretanto, muitos dos que tinham ouvido a pregação aceitaram a Palavra, chegando o número dos homens que creram próximo de cinco mil.

5 No dia seguinte, reuniram-se em Jerusalém as autoridades, os líderes religiosos e os mestres da lei.

6 Estavam reunidos Anás, o sumo sacerdote, bem como Caifás, João, Alexandre e todos os que eram da família do sumo sacerdote.

7 Ordenaram que Pedro e João fossem trazidos à presença deles e começaram a interrogá-los: “Com que poder ou em nome de quem fizestes isso?”

kuAbraham: ‘Ngesinqe sakho ndiya kubasikelela bonke abantu bomhlaba.’

26UThixo ke esimisele isiCaka sakhe wasithumela kuni kuqala, ukuze anenzele inceba niguquke kwinkohlakalo yenu.”

Umsebenzi Wabathunywa 4

UPetros noYohane phambi kweBhunga

1Kwathi uPetros noYohane besathetha nabo abantu, kwafika ababingeleli nentloko yabalindi bendlu kaThixo kunye nabaSadusi.

2Babekhathazekile kuba aba bathunywa babefundisa abantu ngokuvuka kukaYesu ekufeni, nto leyo yayiqinisekisa ukuba abafileyo baya kuvuka.

3Bababamba ke, babafaka entolongweni, ukuba balinde khona kude kube ngengomso, njengoko imini yayiselisangene.

4Uninzi lwâbo bayivayo imfundiso leyo lwakholwa, laza ke landa inani labo laya kumawaka amahlanu.

5Ngomhla olandelayo iinkokheli zamaJuda, nabadala, nabachazi-mthetho, bahlangana eJerusalem.

6YayingooAnas umbingeleli omkhulu, noKayafa, noYohane, noAlesandire, kwanabanye bendlu yombingeleli omkhulu, ababelapho.

7Babamisa phambi kwabo abathunywa, bababuza bathi: “Niyenze kanjani le nto? Gunya lini eli ninalo? Ligama likabani eli nisebenze ngalo?”

[8] Então Pedro, cheio do Espírito Santo, lhes declarou: "Autoridades e líderes do povo!

[8]UPetros, ezele nguMoya oyiNgcwele, wabaphendula wathi: "Ziphathamandla nani badala,

[9] Visto que hoje somos questionados em relação a um ato de caridade praticado a favor de um homem doente e sobre o modo como foi curado,

[9]xa namhlanje nisixoxisa ngesenzo esihle sokuphiliswa komntu osisiqhwala,

[10] tomai conhecimento, vós todos e todo o povo de Israel, de que, em o Nome de Jesus Cristo, o nazareno, aquele a quem vós crucificastes, porém a quem Deus ressuscitou dentre os mortos, sim, por intermédio desse Nome é que este homem está aqui, diante de vós, plenamente curado!

[10]nina ninamaSirayeli ewonke yazini le nto ke: Lo mntu umi apha phambi kwenu ephile qete, uphile ngenxa yegunya legama likaYesu Krestu waseNazarete. Lowo nina nambethelela emnqamlezweni; wamvusa ke yena uThixo.

[11] Este Jesus é 'a pedra que foi rejeitada por vós, os construtores, a qual foi posta como pedra angular'.

[11]Lo Yesu ngulowo zithi iziBhalo xa zithetha ngaye: " 'Ilitye enalidelayo nina bakhi laba lelona litye lesiseko.'

[12] E, portanto, não há salvação em nenhum outro ente, pois, em todo universo não há nenhum outro Nome dado aos seres humanos pelo qual devamos ser salvos!"

[12]"Usindiso lufumaneka ngaye kuphela, kuba akukho wumbi emhlabeni ogama uThixo alinike uluntu, esingasindiswa ngalo."

[13] Observando a coragem de Pedro e de João, e tendo notado que eram homens simples e iletrados, ficaram perplexos e reconheceram que eles haviam convivido com Jesus.

[13]Amalungu eBhunga amangaliswa kukubona ukungafihlisi kukaPetros noYohane, eqonda ukuba bangabantu nje abaqhelekileyo abangenamfundo. Baphawula nokuba babengamahlakani kaYesu.

[14] Além disso, como podiam constatar diante de seus olhos a presença daquele homem, em pé, que fora curado, nada podiam alegar contra eles.

[14]Kodwa babengenandlela yokuphikisana nabo, kuba indoda le yayiphilisiwe yayimi apho kunye noPetros noYohane.

[15] E, por isso, ordenaram que se retirassem do Sinédrio e começaram a discutir entre si,

[15]Babakhuphela ngaphandle kwendlu leyo yeBhunga, basala bona bexoxa bodwa.

[16] argumentando: "Que faremos a estes homens? Pois todos os habitantes de Jerusalém sabem que por meio deles foi

[16]Babuzana besithi: "Singawathini la madoda? Wonke ubani apha eJerusalem uyazi ukuba lo mqondiso ungaqhelekanga

realizado um sinal miraculoso comprovado, o qual não temos como negar.

[17] Todavia, para que isso não se divulgue ainda mais entre o povo, vamos intimidá-los, exigindo que a ninguém mais falem sobre este Nome".

[18] Então, convocando-os novamente, ordenaram-lhes que não falassem, tampouco ensinassem em o Nome de Jesus.

[19] Contudo, Pedro e João propuseram-lhes: "Julgai vós mesmos se é justo diante de Deus obedecer a vós mais do que a Deus.

[20] Pois não podemos deixar de falar de tudo quanto vimos e ouvimos!"

[21] E, os ameaçando ainda mais, os deixaram ir, pois não conseguiram encontrar motivo algum para castigá-los e o povo estava extasiado, louvando a Deus pelo que acontecera;

[22] pois o homem em quem se operara aquela cura milagrosa tinha mais de quarenta anos.

Como os primeiros cristãos oravam

[23] Assim que foram soltos, Pedro e João buscaram a companhia dos seus amigos e contaram tudo o que os chefes dos sacerdotes e os líderes religiosos lhes haviam dito.

[24] Ao ouvirem esse relato, os irmãos unânimes elevaram a voz a Deus e exclamaram: "Ó Todo-Poderoso Senhor, Tu que fizeste o céu e a terra, o mar e tudo o que neles existe;

[25] que, pelo Espírito Santo, por boca de nosso pai Davi, teu servo, declaraste: 'Por

wenziwe ngawo, sibe ke thina singenako ukuyiphika le nto.

[17]Ukuze ke inganwenwi le nto phakathi kwabantu, masibalumkise bangaze bathethe nakubani ngegama likaYesu."

[18]Babangenisa kwakhona, baza babayala ukuba ze bangaphindi bathethe okanye bafundise ngegama likaYesu.

[19]UPetros noYohane bona baphendula bathi: "Zahluleleni nina ngokwenu ukuba kulunge kuphi na phambi koThixo; kukho ukwenza intando yenu, kukho nokwenza intando kaThixo.

[20]Thina asinakuyeka ukuthetha ngento esiyibone sayiva ngokwethu."

[21]IBhunga labatyityimbisela umnwe, laza labakhulula. Alibanga nakroba lakubohlwaya, ngenxa yokoyika abantu, kuba babedumisa uThixo ngesi senzo.

[22]Kaloku le ndoda yaphiliswa ngalo mmangaliso yayingaphezu kwamashumi amane eminyaka ubudala.

Amakholwa athandazela ukomelezwa

[23]Bakuba bekhululwe uPetros noYohane babuyela kubahlobo babo, bababalisela okwathethwa kubo ngababingeleli abaziintloko bekunye nabadala.

[24]Bevile ke, bonke bathandaza ngamxhelo mnye, besithi: "Nkosi, Mdali wezulu nomhlaba nolwandle nazo zonke izinto ezilapho,

[25]uDavide, isicaka sakho, ukhokho wethu, eqhutywa nguMoya oyiNgcwele wathi: "

que os gentios se enfurecem, e os povos conspiram em vão?

[26] Os reis da terra se levantam, e os governantes se ajuntam em oposição ao Senhor e contra o seu Ungido'.
[27] De fato, Herodes e Pôncio Pilatos reuniram-se com as nações pagãs e os povos de Israel nesta cidade, para conspirar contra o seu Santo Servo Jesus, a quem ungiste.
[28] Realizaram tudo o que, em teu poder e sabedoria, já havia predeterminado que aconteceria.
[29] Agora, pois, ó Senhor, considera as ameaças deles e capacita os teus servos para proclamarem a tua Palavra com toda a intrepidez.

[30] Estende a tua mão para curar e realizar sinais e maravilhas por meio do Nome do teu Santo Servo Jesus!"

[31] E assim que terminaram de orar, tremeu o lugar onde estavam reunidos; todos ficaram plenos do Espírito Santo e, com toda a coragem saíram anunciando a Palavra de Deus.

A comunidade de bens entre os primeiros cristãos. Ananias e Safira

[32] E da multidão dos que creram, um só era o sentimento e a maneira de pensar. Ninguém considerava exclusivamente seu os bens que possuía, mas todos compartilhavam tudo entre si.
[33] Com grande poder os apóstolos continuavam a pregar, testemunhando da ressurreição do Senhor, e maravilhosa graça estava sobre todos eles.

'Kungani na iintlanga zisenza imbudumbudu nje? Kungani na ukuba abantu benze amayelenqe azé nje?
[26]Iikumkani neziphathamandla zelizwe zahlangana, zavukela iNkosi noKrestu wayo!'
[27]"Kuba ngenene uHerode noPilato bahlangana kwesi sixeko kunye neentlanga, namaSirayeli, ngaye uYesu isiCaka sakho osinyulileyo, uMthanjiswa wakho.
[28]Bahlangana ukuze bakwenze konke owawuselukumisele ngegunya nentando yakho ukuba kuya kwenzeka.

[29]Kalokunje, Nkosi, zigqale izoyikiso zabo; thina zicaka zakho usenze siluthethe udaba lwakho ngesibindi.

[30]Philisa ngesandla sakho, unike amandla okuba imimangaliso nemiqondiso yenzeke ngegunya legama lesiCaka sakho osinyulileyo uYesu."
[31]Bakuba begqibile ukuthandaza, indawo ababehlangene kuyo yazanya-zanyiswa. Bonke bazaliswa nguMoya oyiNgcwele, baza baluthetha udaba lukaThixo benobuganga.

Ukubonelelana kwamakholwa

[32]Ewonke amakholwa ayevana entliziyo-nye. Akukho bani wayekubanga oko anako, kuba babesabelana ngezinto zonke abanazo.

[33] Abathunywa babezingisa ukungqina ngovuko lweNkosi uYesu, waza uThixo wabasikelela xa bebonke.

[34] Não havia uma só pessoa necessitada entre eles, pois os que possuíam terras ou casas as vendiam, traziam o dinheiro da venda

[35] e o depositavam aos pés dos apóstolos, que por sua vez, o repartiam conforme a necessidade de cada um.

[36] Então José, um levita natural de Chipre, a quem os apóstolos deram o sobrenome de Barnabé, que significa “filho da consolação”,

[37] sendo proprietário de um campo, vendendo-o, trouxe o dinheiro da venda e o colocou junto aos pés dos apóstolos.

[34]Kwakungekho bani usweleyo phakathi kwabo. Ababenemihlaba nezindlu babethengisa ngazo, baze imali leyo bayifumeneyo

[35]beze nayo, bayinike abathunywa, ize yabelwe ulowo nalowo ngokweentswelo zakhe.

[36]UJosefu, umLevi onkaba iseSipro, owathiywa ngabathunywa bathi nguBarnabha, uMthuthuzeli,

[37]wathengisa umhlaba wakhe, waza wayizisa imali leyo kubathunywa.

Atos 5

[1] Entrementes, um certo homem chamado Ananias, com sua esposa Safira, também vendeu uma propriedade.

[2] Mas ele reteve parte do dinheiro da venda para si, tendo conhecimento disso também sua esposa. Ele levou a parte restante e a depositou aos pés dos apóstolos.

[3] Então, indagou-lhe Pedro: “Ananias, por que permitistes que Satanás encheste o teu coração, induzindo-te a mentir ao Espírito Santo para que ficasses com parte do valor do terreno?

[4] Mantendo-o contigo, porventura não continuaria teu? E vendido, não estaria todo o dinheiro em teu poder? Como pudestes permitir que tais ideias dominassem tua vontade?

[5] Ao ouvir esta admoestação, Ananias caiu morto. Então, grande temor tomou conta de

Umsebenzi Wabathunywa 5

UHananiya noSafira

[1]Ke kaloku kwakukho nendoda egama linguHananiya, umfazi wayo yena enguSafira. Bathengisa umhlaba wabo,

[2]baza inxalenye yemali leyo bayifumeneyo bayigcina, eseleyo ke bayizisa kubathunywa.

[3]UPetros wabuza wathi: “Hananiya, kutheni ukuba umyeke uSathana alawule intliziyo yakho, akwenze uxokise uMoya oyiNgcwele ngokugcina inxalenye yemali oyifumeneyo ngomhlaba wakho?

[4]Umhlaba wakho ubungowakho phambi kokuba uwuthengise, nemali yawo ibiyeyakho emveni kokuba uwuthengisile. Kungani ke ukuba ufike kwisigqibo sokwenza into enje? Awuxokisanga mntu, uxokise uThixo.”

[5]Akuweva loo mazwi uHananiya wawa phantsi, wafa; baza bonke abayivayo loo nto bankwantya luloyiko.

todos os que souberam do que havia acontecido.

[6] E, alguns jovens tomaram a iniciativa de cobri-lo, carregaram-no para fora e o sepultaram.

[7] Cerca de três horas mais tarde entrou sua esposa, sem saber o que havia se passado.

[8] E Pedro a questionou: “Dize-me, vendestes por este preço aquelas terras? Ela confirmou: “Sim, por este preço!”

[9] Então Pedro a repreendeu: “Por que vós entrastes em acordo para tentar o Espírito do Senhor? Eis que estão aí à porta os pés dos que sepultaram o teu marido, e eles a levarão também”.

[10] Naquele mesmo instante, ela caiu morta aos pés de Pedro. Então, aqueles jovens entraram e, encontrando-a morta, levaram-na e a sepultaram ao lado de seu marido.

[11] E grande temor se apoderou de toda a igreja e de todos os que ouviram falar sobre esses acontecimentos.

Os sinais dos apóstolos

[12] Muitos sinais e maravilhas eram realizados entre o povo pelas mãos dos apóstolos. E todos os que creram costumavam reunir-se, em comunhão, junto ao Pórtico de Salomão.

[13] Todavia, ninguém de fora tinha coragem de juntar-se a eles, ainda que o povo os tivesse em grande estima.

[6]Bafika abafana, bawuthatha bawuthandela umzimba wakhe, baya kumngcwaba.

[7]Emva kweeyure ezintathu, yafika inkosikazi kaHananiya ingekayiva loo nto ihlileyo.

[8]Wabhekisa kuyo uPetros esithi: “Khawutsho, ingaba le yimali ephelelelyo eniyizuze ngokuthengisa umhlaba wenu nomyeni wakho?” Yaphendula yathi: “Ewe, iphelele.”

[9]Wayibuza wathi uPetros: “Kungani ukuba wena nendoda yakho nidibane ngokuvavanya uMoya weNkosi? Uyabona ke, abafana abavela kungcwaba indoda yakho nâbo emnyango, nawe lo baza kukuthatha bemke nawe.”

[10]Ngoko nangoko uSafira wawa ezinyaweni zakhe, wafa. Bangena abafana, bambona ukuba ufile, bamthatha baya kumngcwaba ecaleni komyeni wakhe.

[11]Xa lilonke ibandla nabo bonke abayivayo le nto bazaliswa kukunkwantya.

Imiqondiso nemimangaliso

[12] Abathunywa benza imiqondiso nemimangaliso emininzi ebantwini. Bonke abakholwayo babehlangana eVarandeni kaSolomon.

[13]Abangakholwayo babengazibandakanyi nabo, nakuba kwakuthethwa kakuhle ngabo.

[14] Em número cada vez maior, homens e mulheres criam no Senhor e eram acrescentados à comunidade,

[14]Kuyo yonke loo nto kwabakho ihlokondiba lamadoda namakhosikazi azinikelayo eNkosini, laza longezeka inani labo.

[15] a ponto de os doentes serem levados para as ruas e colocados em leitos e macas para que, quando Pedro passasse, ao menos sua sombra se projetasse sobre alguns deles.

[15]Baza abagulayo basiwa ezitalatweni, balaliswa ezibhedini nasemakhukweni, ukuze kuthi xa agqithayo uPetros isithunzi sakhe siwe phezu kwabanye.

[16] Da mesma forma, das cidades ao redor, vinha muita gente a Jerusalém, trazendo doentes e pessoas atormentadas por espíritos demoníacos, e todos eram libertos.

[16]Izihlwele zabantu zazisiza, zivela kwiidolophu ezimelene neJerusalem, zizisa abagulayo nâbo babeneendimoni, baze baphile bonke.

Os apóstolos milagrosamente tirados da prisão dão testemunho perante o Sinédrio. O conselho de Gamaliel

Abathunywa bayatshutshiswa

[17] Então, o sumo sacerdote e todos os seus correligionários, membros do partido dos saduceus, foram tomados de grande inveja.

[17]Umbingeleli omkhulu nabalingane bakhe, abo beqela labaSadusi, babamonela abathunywa,

[18] E, por isso, mandaram prender os apóstolos, jogando-os numa prisão pública.

[18]baza bababamba babafaka entolongweni.

[19] Todavia, durante a noite um anjo do Senhor abriu as portas do cárcere, conduziu-os para fora e

[19]Kwangobo busuku isithunywa seNkosi sawavula amasango entolongo, sabakhokelela phandle abathunywa, sathi kubo:

[20] instruiu-lhes: “Ide, apresentai-vos no templo e anunciai às multidões todas as palavras da Salvação!”

[20]“Hambani niye endlwini kaThixo, nibafundise yonke into abantu ngale ntlalo intsha.”

[21] Assim, ao raiar do dia, eles entraram no pátio do templo, como haviam sido orientados, e começaram a pregar ao povo. De outro lado, chegando o sumo sacerdote e os seus companheiros, imediatamente convocaram o Sinédrio, ou seja, toda a assembleia dos principais líderes de Israel, e mandaram buscar os apóstolos na prisão.

[21]Bevile ke abathunywa, bathi kwasekuseni bangena endlwini kaThixo, bafundisa. Umbingeleli omkhulu nabalingane bakhe nabo bonke abadala bamaJuda, babiza intlanganiso epheleleyo yeBhunga, baza bathumela entolongweni ukuba abathunywa beziswe phambi kwabo.

[22] Entretanto, ao chegarem à prisão, os guardas não os encontraram ali. Então voltaram e comunicaram:

[22]Zifikile izigidimi azibafumananga abathunywa entolongweni; zabuya ke zeza kuxela entlanganisweni, zathi:

[23] “Encontramos o cárcere fechado com toda a segurança e as sentinelas nos seus postos junto às portas; mas, abrindo-as, a ninguém encontramos lá dentro!”

[23]“Intolongo siyifumene ivalwe ngokuqinileyo, nabalindi bewagcinile amasango, kodwa sakuwavula amasango, asifumananga mntu ngaphakathi.”

[24] Diante desse relato, o capitão da guarda do templo e os chefes dos sacerdotes ficaram atônitos, imaginando o que poderia ter acontecido com os apóstolos.

[24]Kwathi intloko yabalindi bendlu kaThixo nababingeleli abaziintloko bakuyiva le nto, baxakwa ukuba ngaba kuhle ntoni na kubathunywa.

[25] Nesse momento, chegou alguém com a notícia: “Eis que os homens que recolhestes à prisão, estão no pátio do templo, ensinando ao povo!”

[25]Kwafika ndoda ithile eyathi kubo: “Khangelani, amadoda ebeniwafake entolongweni nangaya efundisa abantu endlwini kaThixo!”

[26] Então, o capitão foi com os guardas e os trouxe outra vez, porém sem violência, pois temiam ser apedrejados pela multidão.

[26]Yasuka ke intloko yabalindi yahamba nabaphantsi kwayo, babaphuthuma abathunywa. Babaphatha kakuhle abathunywa, kuba besoyika hleze baxulutywe ngamatye ngabantu.

[27] E, depois de trazê-los, os apresentaram ao Sinédrio. E o sumo sacerdote os interrogou:

[27]Babazisa phambi kweBhunga abathunywa, waza umbingeleli omkhulu wabamangalela esithi:

[28] “Não vos ordenamos expressamente que não pregásseis nesse Nome? Contudo, enchestes Jerusalém dessa vossa doutrina e quereis lançar sobre nós a culpa pelo sangue desse homem?”

[28]“Saninika imiyalelo engqongqo yokuba ningaphindi nifundise egameni lale ndoda; kodwa khanikhangele into eniyenzileyo! Imfundiso yenu niyisarhaze kule Jerusalem iphela; ngoku nifuna ukuxhoma ukufa kwayo phezu kwethu.”

[29] Ao que Pedro e os demais apóstolos afirmaram: “É necessário que primeiro obedeçamos a Deus, depois às autoridades humanas.

[29]OoPetros baphendula bathi: “Asinakwenza nto yimbi; sifanele ukuthobela uThixo endaweni yabantu!

[30] O Deus de nossos antepassados ressuscitou a Jesus, a quem vós assassinastes, crucificando-o num madeiro.

[30]UThixo woobawo bethu wamvusa uYesu ekufeni, ekubeni nina nambulalayo ngokumxhoma emnqamlezweni.

[31] Deus, no entanto, o exaltou, elevando-o à sua direita, como Príncipe e Salvador, a fim de dar a Israel arrependimento e perdão de pecados.

[31]UThixo wammisela ewongeni, wayiNkokheli noMsindisi wokunika amaSirayeli ithuba lokuguquka, aze axolelwe izono zawo.

[32] Ora, nós somos testemunhas destes fatos, bem como o Espírito Santo, que Deus concedeu aos que são obedientes a Ele!”

A sabedoria de Gamaliel

[33] Ao ouvir estas palavras, eles muito se enfureceram e queriam matá-los.

[34] Então, certo fariseu chamado Gamaliel, doutor da lei, respeitado por todas as pessoas, levantou-se no Sinédrio e pediu que aqueles homens fossem retirados por um momento.

[35] E prosseguiu dizendo: “Caros israelitas, considerai com toda cautela o que estais para decidir fazer a estes homens.

[36] Porquanto, há algum tempo surgiu Teudas, pregando ser alguém, e aproximadamente quatrocentos homens se juntaram a ele. Todavia, ele foi morto e todos os seus seguidores se dispersaram e acabaram em nada.

[37] Depois dele, na época do recenseamento, apareceu Judas, o galileu, que liderou um grupo revolucionário. Ele, da mesma forma foi morto, e todos os seus companheiros se espalharam.

[38] Contudo, neste caso, vos advirto: afastai-vos destes homens e deixai-os seguir em paz. Pois, se a obra ou o propósito deles for de origem meramente humana, perecerá.

[39] Se, todavia, proceder de Deus não conseguireis jamais impedi-los, pois vos achareis em guerra contra Deus!”

[40] E as palavras de Gamaliel convenceram a eles. Então, mandaram trazer os apóstolos e ordenaram que fossem açoitados. Depois,

[32]Thina noMoya oyiNgcwele osisipho sikaThixo kwabo bamthobelayo, singamangqina azo ezi zinto.”

[33]Akuweva la mazwi amalungu eBhunga avutha ngumsindo kangangokuba afuna ukuba babulawe abathunywa.

[34]Kodwa omnye wabo, owayengumFarasi ogama linguGamaliyeli, owayengumchazi-mthetho ohloniphekileyo kubantu bonke, waphakama wayalela ukuba abathunywa khe bakhutshelwe phandle.

[35]Wabhekisa eBhungeni esithi: “MaSirayeli, yilumkeleni into eniyenzayo kula madoda.

[36]Ngaphambi koku kukhe kwavela uTuda ezenza uthile obalulekileyo, waza walandelwa ngamadoda akwisithuba samakhulu amane. Kodwa wafa, abalandeli bakhe bathi saa, waza naloo mbutho wakhe wafa.

[37]Emva koko kwavela uJuda umGalili, ngexesha lobalo, naye walandelwa ngabantu abaninzi, kodwa naye wafa, nabalandeli bakhe basarhaka.

[38]Ngokunjalo nakwesi isihlandlo musani ukuthatha manyathelo ngakula madoda. Wayekeni, kuba ukuba lo msebenzi wawo yinto nje yabantu uza kuphelela esithubeni; [39]ukanti ukuba yinto evela kuThixo, aninako ukuwutshabalalisa. Endaweni yaloo nto ningazibhaqa nisilwa noThixo.” IBhunga lalandela icebo likaGamaliyeli.

[40]Baza ke bababiza abathunywa, babayala ukuba bangaze baphinde bathethe ngegama

exigiram-lhes que não mais falassem no Nome de Jesus e os deixaram sair em liberdade.

likaYesu. Emva koko ke bakatswa abathunywa, baza bakhululwa.

[41] Os apóstolos se retiraram do Sinédrio, contentes por haverem sido considerados dignos de serem humilhados por causa do Nome.

[41]Abathunywa balishiya iBhunga elo benemincili, kuba uThixo ebafumanise befanelekile ukuba bahlazeke ngenxa yegama likaYesu.

[42] E, todos os dias no templo, bem como de casa em casa, não deixavam de pregar e ensinar que Jesus Cristo é o Messias.

[42]Bazingisa ke imihla yonke, endlwini kaThixo nasemakhayeni, ukufundisa nokushumayela iindaba ezimnandi ezingoYesu onguKrestu.

Atos 6

A instituição dos diáconos

[1] Ora, naqueles dias, multiplicando-se o número de discípulos, houve uma queixa entre eles. Os judeus helenistas protestaram contra os judeus de fala hebraico-aramaica, porque suas viúvas não estavam sendo atendidas na distribuição diária de alimentos.

Umsebenzi Wabathunywa 6

Ukumiselwa kwabancedisi

[1]Kwathi kwakubon' ukuba liyanda inani labalandeli bakaYesu, kwavela ukungevisisani phakathi kwamaJuda athetha isiGrike kwanamaJuda athetha olweenkobe. AmaJuda athetha isiGrike akhalazela ukuba abahlolokazi bawo àbamkeliswa kakuhle kwimali yenkxaso yemihla ngemihla.

[2] Então, os Doze reuniram todos os discípulos e propuseram: “Não é sensato negligenciarmos o ministério da Palavra de Deus, a fim de servir às mesas.

[2] Abathunywa abalishumi elinambini balihlanganisa ibandla lilonke, bathi kulo: “Asinto intle kuthi ukuba sikuyekelele ukushumayela ilizwi likaThixo ngenxa yokuzixakekisa ngomsebenzi wokwabela abasweleyo.

[3] Portanto, irmãos, escolhei dentre vós Sete homens de bom testemunho, cheios do Espírito e de sabedoria, aos quais encarregaremos deste ministério.

[3]Ngoko ke, mawethu, khethani amadoda abe sixhenxe phakathi kwenu, awaziwa ngokuzaliswa nguMoya oyiNgcwele nangobulumko; thina ke siwamisele kulo msebenzi.

[4] Quanto a nós, nos devotaremos à oração e ao ministério da Palavra.

[4]Ngalinye ke, thina siya kuzinikela ngokupheleleyo kumsebenzi wokushumayela nasemithandazweni.”

[5] Tal proposta agradou a todos. Então, escolheram Estevão, homem cheio de fé e do

[5]Isiphakamiso sabathunywa samkeleka kubo bonke; baza ke banyula aba: uStefano,

Espírito Santo, além de Filipe, Prócoro, Nicanor, Timom, Pármenas e Nicolau, um convertido ao judaísmo, proveniente de Antioquia.

indoda ezele lukholo nanguMoya oyiNgcwele, noFilipu, noProkuro, noNikano, noTimon, noParmena, kwakunye noNikolawo waseAntiyokwe owayengumngeni-buJudeni.

6 Apresentaram-nos diante dos apóstolos, os quais oraram e lhes impuseram as mãos.

6Aba ke banikelwa kubathunywa, baza bona babamisela ngokubathandazela nokubabeka izandla.

7 E a Palavra de Deus era divulgada, de modo que se multiplicava grandemente o número dos discípulos em Jerusalém; inclusive, muitos sacerdotes obedeciam a fé.

29 Que vos abstenhais de alimentos sacrificados aos ídolos, do sangue, da carne de animais estrangulados e da imoralidade sexual. Fareis muito bem se vos guardardes desses procedimentos, pois desejamos que tudo de bom vos aconteça”.

A decisão é recebida com alegria

30 E, tendo-se despedido, desceram à Antioquia, onde reuniram a Igreja e entregaram a carta.

31 Os irmãos a leram e muito se alegraram com sua encorajadora mensagem.

23Banikwa incwadi ukuba bahambe nayo. Ke yona yayibhalwe ngolu hlobo: “Thina bathunywa sikunye nabadala siyanibulisa njengamawethu xa ninonke, nina zizwe zaseAntiyokwe eSiriya naseKiliki.

24Sivile ukuba kubekho madoda athile aphuma apha kuthi aza kunixhamla, eniphazamisa ngento esingawathumanga yona, ayithethileyo kuni.

25Sihlangene ke, savumelana sonke ukuba sinyule izigidimi sizithume kuni, zihambe kunye nabahlobo bethu abaziintanda, uBharnabha noPawulos,

26amadoda ancame ubomi bawo ngenxa yokukhonza uKrestu.

27Ke ngoko sinithumela uJudas noSilas abaya kunichazela ngokwabo ezi zinto kanye sizibhalileyo.

28Thina samkele isigqibo soMoya oyiNgcwele sokuba singanithwalisi bunzima bumbi ngaphandle kwale migaqo ibalulekileyo:

29Musani ukuyitya into ebingelelwe kwizithixo, nenyama enegazi, nesilo esikrwitshiweyo; nizigcine nyulu ekurheletyeni. Niya kuba niyakholisa xa nizilumlayo kwezo zinto. Salani kakuhle.”

30Izigidimi ezo zandululwa, zasinga eAntiyokwe, apho zafika zawahlanganisa amakholwa, zawanika incwadi leyo.

31Bathi abantu bakuyifunda incwadi leyo, bavuya kakhulu ziindaba zayo zenkuthazo.

[32] Judas e Silas, que eram profetas, exortaram e fortaleceram os irmãos com muitos ensinamentos.

[33] Havendo, porém, dedicado algum tempo ali, foram despedidos pelos irmãos com a bênção da paz, a fim de que retornassem aos que os haviam enviado,

[34] porém Silas, achou melhor ficar ali.

[35] Paulo e Barnabé também permaneceram em Antioquia, onde, com muitos outros irmãos, pregavam e ensinavam a Palavra do Senhor.

Separação entre Paulo e Barnabé

[36] Passados alguns dias, Paulo propôs a Barnabé: “Voltemos, agora, para visitar os irmãos por todas as cidades nas quais pregamos a Palavra do Senhor, a fim de observarmos como estão vivendo”.

[37] E Barnabé queria que João, também chamado Marcos, os acompanhassem.

[38] Paulo, entretanto, não conseguia ver razão para levar consigo aquele que desde a Panfília havia decidido se afastar deles e não os acompanhara até o fim da missão.

[39] Por esse motivo, tiveram um desentendimento tão exacerbado que decidiram se separar. Barnabé partiu, levando consigo Marcos e navegaram para Chipre.

A segunda viagem missionária de Paulo. Silas e Timóteo o acompanham

[40] Paulo, no entanto, preferiu a companhia de Silas, partiu entregue aos cuidados do Senhor pelos irmãos.

[41] E, assim, passou pela Síria e Cilícia, encorajando as igrejas.

[32]UJudas noSilas, ababengabashumayeli ngokwabo, bathetha ixesha elide namakholwa, bewakhuthaza, bewomeleza.

[33]Emva kwexesha belapho bakhululwa ngoxolo ngamakholwa, baza bagoduka.

[[34]Kodwa uSilas yena wabona ukuba makasale khona.]

[35]UPawulos noBharnabha bona bakhe banexesha belapho eAntiyokwe. Bekunye nabanye balifundisa, balishumayela, ilizwi leNkosi.

UPawulos noBharnabha bayahlukana

[36]Ekuhambeni kwexesha wathi uPawulos kuBharnabha: “Makhe sityelele amakholwa kuzo zonke iidolophu apho sasikhe salishumayela khona ilizwi leNkosi, siqonde ukuba aphila njani na.”

[37]UBharnabha wafuna ukuba kuhanjwe noYohane Marko,

[38]kodwa uPawulos yena akathandanga ukuba bahambe naye, kuba ngokuya babehambe naye kuqala wajika esithubeni, wabashiya ePamfili.

[39]Baxambulisana ke ngale ndawo, bada bagqibela ngokwahlukana. UBharnabha wahamba noMarko, basinga eSipro ngesikhephe.

[40]Waza yena uPawulos wakhetha ukuhamba noSilas. Ke amakholwa abanikela ezibeleni zikaThixo, bemka.

[41]UPawulos watyhutyha imimandla yaseSiriya naseKiliki, ewomeleza amabandla.

Atos 16

[1] Paulo chegou também a Derbe e Listra. E vivia ali um discípulo chamado Timóteo, filho de uma judia cristã, sendo seu pai grego.
[2] Os irmãos de Listra e Icônio davam bom testemunho dele.
[3] Então, Paulo se interessou em que ele o acompanhasse em sua missão; para tanto, o circuncidou por causa dos judeus que viviam naquela região. Pois era do conhecimento de todos que seu pai era grego.
[4] À medida em que passavam pelas cidades, transmitiam as decisões tomadas pelos apóstolos e presbíteros em Jerusalém, a fim de que passassem a ser obedecidas.
[5] Assim, as igrejas eram edificadas na fé e cresciam em número, dia após dia.

Paulo é chamado à Macedônia

[6] E, viajando por toda a região da Frígia e da Galácia, Paulo e seus companheiros de ministério foram impedidos pelo Espírito Santo de pregar a Palavra na província da Ásia.
[7] Quando avizinharam-se da região da Mísia, procuraram subir até Bitínia, mas também o Espírito de Jesus não lhes permitiu.
[8] Então, contornando a Mísia, desceram para Trôade.

A visão em Trôade. Pregação em Filipos: A Conversão de Lídia e do carcereiro. A cura da pitonisa

[9] Durante a noite, Paulo teve uma visão; nela, um homem da Macedônia, em pé,

Umsebenzi Wabathunywa 16

UTimoti uhamba noPawulos noSilas

[1]UPawulos waya eDerbhe naseListra. Apho kwakukho ikholwa eligama linguTimoti, onina wayekwalikholwa, engumJudakazi, uyise yena engumGrike.
[2]Onke amakholwa aseListra naseIkoniyo ayemazi ngesimilo esihle uTimoti.
[3]UPawulos wafuna ukuhamba noTimoti, ngoko ke wamolùsa kuqala, kuba onke amaJuda aloo mmandla ayesazi ukuba uyise wayengolukanga.
[4]Ekuzityhutyheni kwabo ezo dolophu, amakholwa bawazisa ngesigqibo sabathunywa nabadala eJerusalem.
[5]Aza ke amabandla omelezeka elukholweni, anda nangamanani imihla ngemihla.

UPawulos ubizelwa eMakedoni

[6]Xa babekwingingqi yaseFrigi naseGalati, uMoya oyiNgcwele wabalela ukuba balishumayele ilizwi eAsiya.
[7]Bakufika emdeni waseMisi, bazama ukungena eBhitini, kodwa nakhona uMoya kaYesu akabavumelanga.
[8]Ngoko ke bacanda eMisi, behla baya eTrowa.
[9]Xa babelapho ke, ebusuku uPawulos wabona umbono. Indoda yaseMakedoni

rogava-lhe: “Passa à Macedônia e ajuda-nos!”

10 Imediatamente, após ter recebido a visão, preparamo-nos para partir rumo a Macedônia, concluindo que Deus nos havia chamado para pregar o Evangelho aos macedônios.

11 Navegando de Trôade, seguimos em linha reta até Samotrácia, e no dia seguinte para Neápolis.

12 De lá rumamos para Filipos, que é a cidade mais importante desse distrito da Macedônia e colônia romana. Nessa cidade ficamos vários dias.

13 No dia de sábado, saímos da cidade para a beira do rio, onde imaginávamos encontrar um bom lugar para orar. Assentamo-nos e começamos a conversar com algumas mulheres que ali também estavam reunidas.

14 Uma das mulheres que nos ouviam era temente a Deus e chamava-se Lídia, vendedora de tecido de púrpura, da cidade de Tiatira. E aconteceu que o Senhor lhe abriu o coração para acolher a mensagem pregada por Paulo.

15 Depois de batizada, bem como os de sua casa, ela nos convidou, rogando: “Se julgais que eu sou crente no Senhor, entrai e permanecei em minha casa”. E assim, nos convenceu.

16 E aconteceu que, indo nós para o lugar de oração, nos saiu ao encontro uma jovem escrava que estava tomada por um espírito que a usava para prognosticar eventos futuros. Dessa forma, ela arrecadava muito

yayimile imcenga isithi: “Yiza apha eMakedoni, uzokusinceda.”

10Ngokukhawuleza emva kwalo mbono kaPawulos, salungiselela ukuya eMakedoni, kuba saqonda ukuba uThixo usibizela ukuba siye kuzishumayela iindaba ezimnandi kubantu balapho.

Ukuguquka kukaLidiya

11Semka ngesikhephe eTrowa, sahamba ngqo sacanda sijonge eSamotraki, saza ngengomso sangena eNapoli.

12Sakusuka apho, saya kutsho eFilipi, idolophu yokuqala kwisithili saseMakedoni, eyayilithânga laseRoma. Sakhe sahlala iintsukwana apho kuloo dolophu.

13 NgoMhla wokuPhumla saphuma edolophini, saya ngasemlanjeni, apho sasiba koba kukho indawo athandazela kuyo amaJuda. Sahlala phantsi, sancokola namakhosikazi awayebuthe apho.

14Enye yawo eyayisiphulaphule nguLidiya waseTiyatire, owayengumthengisi weempahla ezimsobo zexabiso. Wayeyintokazi eyayimhlonela uThixo, yaza ke iNkosi yayibaza ingqondo ukuba izigqale izinto ezazithethwa nguPawulos.

15Yabhaptizwa kunye nosapho lwayo. Yaza ke yasimema isithi: “Ukuba nithi ndilikholwa ngenene eNkosini, khanizokuhlala kwam.” Yasithundeza ke ukuba siye.

UPawulos noSilas entolongweni yaseFilipi

16Ngamhla uthile xa sasisiya kwindawo yokuthandaza, sahlangana nentombi eyayilikhoboka. Yayinamafufunyana. Yayibenzela imali eninzi ke abanikaziyo ngokuchazela abantu izinto eziza kubehlela.

dinheiro para seus senhores, por meio de advinhações.

17 Seguindo a Paulo e a nós, vinha essa moça gritando diante de todos: “Estes homens são servos do Deus Altíssimo e vos anunciam o caminho da salvação!”

18 E ela insistiu em agir assim por vários dias. Finalmente, Paulo irritou-se com aquela atitude e dirigindo-se ao espírito o repreendeu, exclamando: “Ordeno a ti em Nome de Jesus Cristo, retira-te dela!” E ele, naquele mesmo instante, saiu.

Romanos prendem Paulo e Silas

19 Percebendo que a sua esperança de lucro havia se esgotado, os proprietários da escrava agarraram Paulo e Silas e os arrastaram para a praça principal, diante das autoridades.

20 E, apresentando-os aos magistrados locais, os acusaram afirmando: “Estes homens, sendo judeus, perturbam a nossa cidade,

21 pregando costumes que a nós, romanos, não é lícito acatar e tampouco praticar!”

22 Então, uma multidão unânime os atacou, e os magistrados, rasgando-lhes as roupas, ordenaram que fossem açoitados com varas.

23 Depois de tê-los espancado muito, os jogaram na prisão, recomendando ao carcereiro que os vigiasse com toda atenção.

24 Havendo recebido tais ordens expressas, ele os lançou no cárcere interior e lhes prendeu os pés no tronco.

A conversão do carcereiro

17Yasilandela sinoPawulos, ikhwaza isithi: “La madoda angabakhonzi bakaThixo uPhezukonke. Anishumayeza indlela eningásindiswa ngayo.”

18Yaqhuba iintsuku ezininzi iyenza le nto, yada yamthukuthezela uPawulos, wajika wathi kuloo moya: “Ngengunya legama likaYesu Krestu ndithi: ‘Phuma kule ntombi.’ ” Aphuma kwangoko amafufunyana.

19Bakuphawula abanikaziyo ukuba ayisekho indlela yokwenza imali ngale ntombi, babagxavula ooPawulos noSilas, babarhuqela kwinkundla yamatyala eyayisebaleni lembutho.

20Babamangalela kwabasemagunyeni, besithi: “La madoda angamaJuda, yaye adala isidubedube apha edolophini yethu.

21Afundisa imikhwa enxamnye nomthetho wethu. Thina singamaRoma, asinakuyamkela loo mikhwa.”

22Nesihlwele sangenelela ekubahlaseleni. Zaza iziphathamandla zathi mazikrazulwe izambatho zikaPawulos noSilas, babethwe nokubethwa.

23Bakuba bebethwe kanobom, bavalelwa entolongweni. Wayalelwa nojela ukuba abatshixele abagcine ngokunqabileyo.

24Ewufumene umyalelo lowo, ujela wabatshixela kwelingaphakathi igumbi, wabakhonkxa iinyawo ngezikhuni.

25 Por volta da meia-noite, Paulo e Silas estavam orando e entoando hinos de louvor a Deus, enquanto os demais presos os ouviam.

26 De repente, aconteceu um terremoto tão violento que os alicerces da prisão foram abalados. No mesmo momento, todas as portas se abriram, e as correntes que prendiam a todos se soltaram.

27 O carcereiro despertou do sono e, vendo abertas as portas do cárcere, desembainhou sua espada a fim de se matar, pois concluíra que os presos todos houvessem escapado.

28 No entanto, Paulo gritou: "Não te faças isso! Eis que estamos todos aqui!",

29 Então, o carcereiro pediu luz, correu para dentro e, trêmulo, atirou-se aos pés de Paulo e Silas.

30 Em seguida, conduzindo-os para fora, rogou-lhes: "Senhores, o que preciso fazer para ser salvo?"

31 Eles, prontamente lhe afirmaram: "Crê no Senhor Jesus, e assim serás salvo, tu e os de tua casa!"

32 E lhe ministraram a Palavra de Deus, bem como a todos de sua casa.

33 Naquela mesma hora da noite, tomando-os consigo, lavou-lhes os ferimentos; e logo foi batizado, ele e todas as pessoas de sua casa.

34 Então, insistiu para que subissem à sua casa, onde lhes preparou mesa farta; e, com todos os seus, expressava grande júbilo, por haverem crido em Deus.

Paulo exige justiça ao cidadão

25Phakathi kobusuku uPawulos noSilas bathandaza bacula bedumisa uThixo, namanye amabanjwa ebeva.

26Ngesaquphe kwabakho inyikima eyashukumisa izisekelo zentolongo. Zatsho zavuleka zonke iingcango, namatyathanga akhululeka kumabanjwa.

27Evukile ujela, wabona iingcango zentolongo zivulekile, wacinga ukuba abalekile amabanjwa onke; waza warhola ikrele lakhe, eza kuzibulala.

28Kuthe kusenjalo wamemeza uPawulos esithi: "Mus' ukuzenzakalisa, kuba sisaphelele!"

29Ujela lowo wathi makuziwe nesibane, waza engcangcazela enjalo wangena wawa ezinyaweni zikaPawulos noSilas.

30Wabakhuphela phandle, wabuza wathi: "Bahlekazi, ndingenza ntoni ukuze ndisinde?" Bona baphendula bathi:

31"Zinikele eNkosini uYesu; uya kusindiswa wena nosapho lwakho."

32Bamchazela ke yena nabo bonke ababesendlwini yakhe ngodaba lweNkosi.

33Ngaloo yure kanye yobusuku ujela wabathatha, wahlamba amanxeba abo; waza wabhaptizwa kunye nosapho lwakhe kwangoko.

34Waya nabo endlwini yakhe ooPawulos noSilas, wabapha ukutya. Yena nosapho lwakhe bazaliswa luvuyo ngenxa yokuba bezinikele kuThixo.

[35] Logo que amanheceu, os magistrados mandaram oficiais de justiça ao carcereiro com a seguinte ordem: “Põe aqueles homens em liberdade”.

[36] Então, o carcereiro informou a Paulo: “Os magistrados despacharam ordens para que sejais soltos”.

[37] No entanto, Paulo lhe afirmou: “Sendo nós cidadãos romanos, açoitaram-nos diante do povo sem processo condenatório formal e nos atiraram ao cárcere. Agora, porém, querem que saiamos sem que ninguém nos veja? De modo algum! Que eles venham, e pessoalmente nos proclame livres de condenação”.

[38] E os soldados levaram essa reivindicação aos magistrados, os quais, ao saber que Paulo e Silas eram romanos, ficaram apavorados.

[39] Então, foram ter com eles e lhes suplicaram desculpas e, conduzindo-os para fora da prisão, rogaram que se retirassem da cidade.

[40] Assim que deixaram a prisão, foram à casa de Lídia, onde se encontraram com os irmãos e os encorajaram. Depois, seguiram viagem.

Atos 17

Paulo em Tessalônica e em Bereia

[1] E, tendo passado por Anfípolis e Apolônia, chegaram a Tessalônica, onde havia uma sinagoga judaica.

[35]Ngentsasa elandelayo abasemagunyeni bathumela amagosa abo, besithi: “Wakhululeni loo madoda.”

[36]Ujela ke wamxelela uPawulos ukuba iziphathamandla zithumele umyalelo wokuba yena noSilas bangákhululwa. Ngoko ke bakhululekile bangáhamba ngoxolo.

[37]Kodwa waphendula uPawulos wathi kumagosa lawo: “Hayi kaloku, sikatswe esidlangalaleni, nakuba singakhange sibekwe tyala, ibe futhi singabemi abangamaRoma! Ngaphezu koko sivalelwe entolongweni. Bangathini ke ngoku ukusikhulula bucala? Hayi bo! Ayinakwenzeka loo nto! Abasemagunyeni mabeze kusikhulula ngokwabo.”

[38]Amagosa lawo aya kuwaxela la mazwi kwiziphathamandla, ezathi zakuva ukuba uPawulos noSilas ngabemi abangamaRoma, zoyika kakhulu.

[39]Ngoko ke zaya kubo, zacela uxolo, zabacenga ukuba bahambe, zabakhupha ke bemka.

[40]UPawulos noSilas bayishiya ke intolongo leyo, baya kwaLidiya. Apho ke bahlangana namakholwa, baza bathi, bakuba bewakhuthazile, bemka.

Umsebenzi Wabathunywa 17

Isiphithi-phithi eTesalonika

[1]Bahamba ke, badlula eAmfipoli naseApoloniya, bada baya kufika eTesalonika, apho yayikho indlu yesikhungo yamaJuda.

[2] Como fazia habitualmente, Paulo foi à sinagoga e por três sábados argumentou com aquele grupo de pessoas com base nas Escrituras,

[2]Njengoko ebeqhele ukwenjenjalo, uPawulos waya endlwini yesikhungo leyo. Apho wayexoxa nabantu ngeziBhalo imiGqibelo emithathu,

[3] explicando e comprovando que se fez necessário que o Cristo padecesse e ressuscitasse dentre os mortos. E proclamava: "Este Jesus que vos anuncio é o Messias!"

[3]ezichaza iziBhalo, ecacisa kwangazo ukuba ubemelwe kukuva ubunzima uKrestu, abuye avuke ekufeni. "Lo Yesu ndimvakalisayo nguKrestu," wayesitsho uPawulos.

[4] Assim, alguns dos judeus foram convencidos e se uniram a Paulo e Silas, bem como uma multidão de gregos obedientes a Deus e diversas senhoras da alta sociedade local.

[4]Abanye abantu boyisakala, bazimanya noPawulos noSilas. Enjenjalo namaGrike aliqela awayemhlonela uThixo, kwakunye namakhosikazi amaninzi aphambili entlalweni.

[5] Porém, os líderes judeus sentiram forte inveja e reuniram alguns homens perversos dentre os desocupados e, agitando a população, iniciaram um tumulto na cidade. Invadiram a casa de Jasom, em busca de Paulo e Silas, com o objetivo de arrastá-los para o centro do ajuntamento da multidão.

[5]Kodwa akhathazeka amaJuda, aqokelela amatshijolo ezitalatweni, yaligqubа elenza intswahla nesiphithi-phithi edolophini. Lawuhlasela umzi kaJason, liba balapho ooPawulos noSilas, liza kubasa ematyaleni.

[6] Todavia, não os encontrando, agarraram Jasom e alguns outros irmãos e os entregaram aos governantes da cidade, exclamando: "Estes que têm causado alvoroço em todo o mundo, agora chegaram também aqui.

[6]Kodwa lakungabafumani, larhuqa uJason kunye namanye amakholwa, libasa kubaphathi-dolophu, likhwaza lisithi: "La madoda luqhushululu konke apho ahamba khona; ngoku eze nakule idolophu,

[7] E Jasom os hospedou em sua casa. Todos eles estão agindo contra os decretos de César, proclamando que existe um outro rei, chamado Jesus!"

[7]yaye uJason uwagcine phaya endlwini yakhe. Ewonke angababaphuli-mthetho kaKhesare, kuba athi kukho nkosi yimbi inguKrestu Yesu."

[8] Ao ouvir tal denúncia, toda a multidão e os governantes da cidade ficaram apreensivos.

[8]Ngaloo mazwi basitsho isihlwele nabaphathi-dolophu bakhathazeka.

[9] Apesar disso, libertaram Jasom e os demais irmãos, após o pagamento da fiança estipulada.

[9]Abaphathi-dolophu babahlawulisa imali yesibambiso ooJason nabanye abo ngaphambi kokubakhulula bahambe.

Os bereanos estudavam a Palavra

10 Então, logo ao cair da noite, os irmãos enviaram Paulo e Silas para Bereia. Chegando ali, dirigiram-se à sinagoga local.

11 Os bereanos eram mais nobres do que os tessalonicenses, porquanto, receberam a mensagem com vívido interesse, e dedicaram-se ao estudo diário das Escrituras, com o propósito de avaliar se tudo correspondia à verdade.

12 Dessa forma, muitos dentre os judeus creram, bem como um grande número de mulheres gregas da alta sociedade, e não poucos homens gregos.

13 No entanto, quando os líderes judeus de Tessalônica tomaram conhecimento que Paulo estava ensinando a Palavra de Deus em Bereia, rumaram imediatamente para lá, agitando e instigando a população.

14 Rapidamente, os irmãos enviaram Paulo para o litoral, mas Silas e Timóteo permaneceram em Bereia.

Paulo em Atenas. O seu discurso no Areópago

15 Os irmãos que acompanhavam Paulo o conduziram até Atenas, partindo depois com orientações para que Silas e Timóteo se reunissem com ele, assim que fosse possível.

16 Enquanto Paulo esperava por seus companheiros em Atenas, ficou profundamente indignado ao perceber que a cidade tinha ídolos por toda parte.

17 E sobre esse tema dissertava na sinagoga entre os judeus e os gentios obedientes a Deus, bem como na praça principal, diariamente, a todos aqueles que ali estivessem.

UPawulos noSilas eBheriya

10Kuthe nje kusandul' ukuhlwa, amakholwa abathumela eBheriya ooPawulos noSilas. Bafika apho, baya kwindlu yesikhungo yamaJuda.

11Abantu balapho bona babeneengqondo eziphangaleleyo kunabantu baseTesalonika. Baluphulaphula ngomdla bona udaba, bazifunda mihla le neziBhalo, befuna ukuqonda ukuba uPawulos unyanisile na.

12Kwaguquka abantu abaninzi, amadoda kunye namakhosikazi amaGrike akumgangatho ophezulu entlalweni.

13Kodwa akuva amaJuda aseTesalonika ukuba uPawulos ulishumayela naseBheriya ilizwi likaThixo, aya apho, afika afaka umoya woqhushululu ebantwini.

14Amakholwa amsa ngaselwandle uPawulos kwangoko. Basala bona ooSilas noTimoti eBheriya.

15La madoda âhamba noPawulos, ada aya kutsho eAtene. Abuyela eBheriya nomyalelo kaPawulos wokuba ooSilas noTimoti mabakhawuleze baye kuye.

UPawulos eAtene

16Kwathi xa uPawulos wayesalinde uSilas noTimoti eAtene, wafumana umnqa kukubona indlela ezazizininzi ngayo izithixo kuloo dolophu.

17Waxoxa endlwini yesikhungo namaJuda kunye neentlanga ezazihlonela uThixo. Ngokukwanjalo wayexoxa nabantu ababegqitha-gqitha ebaleni lembutho.

[18] Então, alguns filósofos epicureus e estóicos começaram a argumentar com ele. Alguns indagavam: “O que deseja comunicar esse tagarela?” Outros comentavam: “Parece ser um anunciador de deuses estranhos”, pois Paulo lhes pregava as Boas Novas de Jesus e a ressurreição.

[19] Por essa razão, o levaram a uma reunião no Areópago, onde lhe questionaram: “Podes revelar-nos que nova doutrina é essa sobre a qual dissertas?

[20] Pois estás nos apresentando pensamentos estranhos, e desejamos compreender o significado de tais ideias”.

[21] Porquanto os cidadãos de Atenas, assim como todos os estrangeiros que ali viviam não se preocupavam com outro assunto senão falar e procurar saber as últimas novidades.

[22] Sendo assim, Paulo levantou-se no meio da reunião do Areópago e discursou: “Caros atenienses! Percebo que sob todos os aspectos sois muitíssimo religiosos,

[23] pois, caminhando pela cidade, observei cautelosamente seus objetos de adoração e encontrei até um altar com a seguinte inscrição: AO DEUS DESCONHECIDO. Ora, pois é exatamente este a quem cultuais em vossa ignorância, que eu passo a vos apresentar.

[24] O Deus que criou o Universo e tudo o que nele existe é o Senhor dos céus e da terra, e não habita em santuários produzidos por mãos humanas.

[18]Nabathile abaziintanda-bulumko zeqela lamaEpikure namaStoyike babencokola naye. Bambi babesithi: “Ngaba lifuna ukuthini eli pholopholo?” abanye besithi: “Ngathi ngunozakuzaku woothixo basemzini.” Babesitsho ke kuba uPawulos wayeshumayela ngoYesu nangovuko lwabafileyo.

[19]Baza ke bamthatha uPawulos, baya naye entlanganisweni, endaweni ekwakusithiwa yiAriyopago, bathi kuye: “Khawutsho! Sifuna ukuyazi le mfundiso intsha uthetha ngayo.

[20]Ezinye zezinto esikuva uthetha ngazo ziyasimangalisa, ngoko ke sifuna ukuyazi intsingiselo yazo.”

[21]Kaloku abantu baseAtene nabatyeleli bakhona kwakungekho nto babeyixabise ngaphezu kokuncokola okanye ukuphulaphula iingcamango ezintsha.

[22]UPawulos waphakama wema entlanganisweni apho eAriyopago, wathi: “Bantu baseAtene, ndiyaphawula ukuba ningabantu abaluthanda ngokuncamisayo unqulo.

[23]Kuthe xa bendihamba-hamba ndibuka iindawo zenu zonqulo, ndabona neqonga lamadini elibhaliweyo kwathiwa: ‘Kongaziwayo uThixo.’ Ngoko ke lowo nina nimnqula ningamazi, mna ndivakalisa yena kuni.

[24]UThixo lo udale ihlabathi nezinto ezikulo, uyiNkosi yezulu nomhlaba. Ngoko ke akahlali zindlwini zenziwe ngabantu,

[25] Ele também não é servido pelas mãos dos homens, como se precisasse de algo, porquanto Ele mesmo concede a todos a vida, o fôlego e supre todas as nossas demais necessidades.

[26] De um só homem fez Deus todas as raças humanas, a fim de que povoassem a terra, havendo determinado previamente as épocas e os lugares exatos onde deveriam habitar.

[27] Deus assim procedeu para que a humanidade o buscasse e provavelmente, como que tateando, o pudesse encontrar, ainda que, de fato, não esteja distante de cada um de nós:

[28] 'Pois nele vivemos, nos movimentamos e existimos', como declararam alguns de vossos poetas: 'Porquanto dele também somos descendentes'.

[29] Portanto, considerando que somos geração de Deus, não devemos acreditar que a Divindade possa ser semelhante a uma imagem de ouro, prata ou pedra, esculpida pela arte e idealização humana.

[30] Em épocas passadas, Deus não levou em conta essa falta de sabedoria, mas agora ordena que todas as pessoas, em todos os lugares, cheguem ao arrependimento.

[31] Porque determinou um dia em que julgará o mundo com o rigor de sua justiça, por meio do homem que para isso estabeleceu. E, quanto a isso, Ele deu provas a todos, ao ressuscitá-lo dentre os mortos!"

Uns debocham, outros crêem

[32] Entretanto, alguns deles, assim que ouviram falar sobre a ressurreição dos mortos, começaram a dizer zombarias, e

[25]engaswele nto ngokokude abantu bazidube ngokumenzela nto. Kuba kaloku nguye ngokwakhe onika ubomi nomphefumlo, nazo zonke iimfuneko zoluntu lonke.

[26]Zonke iintlanga zabantu wazidala zaphuma mlibeni mnye, wazenza ukuba ziwume wonke umhlaba. Yena ngokwakhe kwangaphambili wazimisela amaxesha obomi, kunye nemida yokuhlala kwazo.

[27]Oku wakwenza ukuze zihlale zimzingela, hleze zimphuthaphuthe de zimfumane; nangona yena uThixo engekude kuthi sonke,

[28]kuba kungaye sikho nje, sisuka-suka, siphilile. Kunjengoko zitshoyo ezinye zeembongi zenu ukuthi: 'Nathi siyinzala yakhe.'

[29]Singabantwana bakhe nje ke, masingacingi ukuba imo kaThixo ifana nento eqingqwe ngegolide, ngesiliva, okanye ngelitye, ngobugcisa bomntu.

[30]UThixo wayewayeke ngabom loo maxesha apho abantu babengazi. Kungokunje uyalela abantu bonke, ezindaweni zonke, ukuba baguquke ezindleleni zabo ezimbi.

[31]Kaloku uwumisele umhla apho aya kuligweba ihlabathi lonke liphela ngobulungisa, ngeNdoda ayimiseleyo. Le nto uyingqine kubantu bonke ngokuyivusa loo Ndoda ekufeni."

[32]Bathi bakumva uPawulos ethetha ngovuko lwabafileyo, bahlekisa ngaye.

outros, ainda, exclamavam: “Sobre esse assunto te daremos ouvidos numa outra oportunidade”.

[33] Depois dessas palavras, Paulo se retirou do meio deles.

[34] Aconteceu, porém, que alguns homens se juntaram a Paulo e creram. Entre eles estava Dionísio, membro do conselho do Areópago, e uma mulher chamada Dâmaris, e com eles algumas outras pessoas.

Bambi bathi: “Sisafuna ukuyiva kwakhona le ntetho yakho.”

[33]Waza ke uPawulos wemka apho entlanganisweni.

[34]Kambe abanye bazinikela, baza bamlandela. Phakathi kwabo kwakukho uDiyonisi, ilungu leAriyopago, nomfazi ogama linguDamari, kunye nabanye.

Atos 18

Paulo em Corinto e em Éfeso. Volta para Jerusalém

[1] Logo depois desses acontecimentos, Paulo deixou Atenas e rumou para Corinto.

[2] Chegando ali, encontrou um judeu chamado Áquila, natural do Ponto, que tinha acabado de chegar da Itália juntamente com sua esposa Priscila, pois Cláudio havia baixado um decreto intimando que todos os judeus se retirassem de Roma. Paulo, então, foi visitá-los.

[3] E, percebendo que tinham a mesma profissão, Paulo passou a morar e trabalhar com eles, pois eram fabricantes de tendas.

[4] Assim, todos os sábados ele argumentava na sinagoga, e convencia tanto a judeus quanto a gregos.

[5] Depois que Silas e Timóteo chegaram da Macedônia, Paulo começou a consagrar todo o seu tempo ao ensino da Palavra, explicando aos judeus que Jesus é o Messias.

[6] Contudo, como estes se opuseram e proferiram insultos graves, Paulo sacudiu a roupa e os sentenciou: “Caia sobre as vossas próprias cabeças toda a responsabilidade de

Umsebenzi Wabathunywa 18

UPawulos eKorinte

[1]Emva koko uPawulos wemka eAtene, wabheka eKorinte.

[2]Apho wadibana nomJuda ogama linguAkwila, owazalelwa ePonto, ekunye noPrisila umkakhe. Wayesand' ukufika apho, evela eItali, ekubeni uKhesare Klawudiyo wawagxothayo amaJuda awayeseRoma. Ebandwendwele uPawulos,

[3]wahlala kunye nabo, wasebenza kunye nabo, kuba kaloku wayephila ngokwenza iintente njengabo.

[4]Yonke imiGqibelo wayedla ngokubamba iingxoxo endlwini yesikhungo, ezama ukuwanelisa amaJuda kwanamaGrike.

[5]Bakufika ooSilas noTimoti, bevela eMakedoni, uPawulos akabanga senza nto yimbi ingekuko ukushumayela iindaba ezimnandi, ewacacisela amaJuda ukuba uYesu unguye uKrestu.

[6]Kuthe akumchasa emngcikiva, wavuthulula iimpahla zakhe, ekhalala, esithi: “Ukuba nithe natshabalala, lityala

vossas faltas". Eu estou inocente quanto ao meu dever, e de agora em diante vou dedicar-me aos gentios.

7 Então, saindo da sinagoga, Paulo dirigiu-se à casa de Tício Justo, homem que obedecia a Deus e que morava ao lado da sinagoga.

8 Crispo, administrador da sinagoga, creu no Senhor, ele e toda a sua casa; e da multidão dos coríntios que o ouviam, muitos criam e eram batizados.

9 Numa certa noite, o Senhor falou com Paulo por meio de uma visão, dizendo: "Não tenhas medo! Continua pregando e não te cales.

10 Pois Eu estou contigo, e nenhuma pessoa ousará fazer-te mal ou ferir-te, porquanto tenho muita gente nesta cidade".

11 Assim, Paulo permaneceu ali durante um ano e seis meses, ensinando a Palavra de Deus ao povo.

Gálio não vê crime em Paulo

12 Quando, porém, Gálio era procônsul da Acaia, os judeus se levantaram unânimes contra Paulo, e o conduziram ao tribunal,

13 protestando: "Este persuade os homens a adorar a Deus de uma forma contrária à lei!"

14 No momento em que Paulo daria início à sua defesa, Gálio os admoestou: "Se, em realidade, houvesse, ó judeus, alguma afronta grave ou crime, certamente e com razão eu os ouviria.

15 Entretanto, visto que se trata de uma questão de palavras e nomes de sua própria

lenu. Mna andinatyala kuloo nto. Ukususela ngoku ndiya ezintlangeni."

7Wabashiya ke waya kuhlala emzini kaTitiyo Yusto intlanga eyayimnqula uThixo. Umzi wakhe wawumelene nendlu yesikhungo.

8UKrispo, igosa lendlu yesikhungo, wazinikela eNkosini kunye nentsapho yakhe. Kwabhaptizwa nenkitha yabantu eKorinte eyalivayo ilizwi yazinikela eNkosini.

9Ngabusuku buthile uPawulos waba nombono apho, yathi iNkosi kuye: "Sukoyika, zingisa ukuthetha ungancami,

10kuba mna ndinawe. Akukho mntu uya kukuchukumisa, kuba baninzi abantu bam kule dolophu."

11UPawulos wahlala apho ke unyaka onesiqingatha, ebafundisa ilizwi likaThixo abantu.

12Kwathi akuba uGaliyo eyirhuluneli emele amaRoma kwisithili saseAkaya, amaJuda adibana ngoPawulos, amthatha amsa enkundleni, afika athi:

13"Le ndoda izama ukuwexula abantu ukuba bakhonze uThixo ngendlela ephambeneyo nomthetho."

14Kwathi xa aza kuphendula uPawulos, uGaliyo wabhekisa kumaJuda wathi: "Ukuba ngaba lo mbandela ubuyimpazamo ethile, okanye ityala elibi, bendingade ndiyinyamezele le nto, maJuda.

15Kodwa ke ngenxa yokuba lo mbandela uphathelele kumazwi, namagama,

lei, ora resolvei isso vós mesmos; pois não quero me dispor a ser juiz desses assuntos!"

nomthetho wenu, ziboneleni nina ukuba ningawulungisa njani na. Mna andinakugweba izinto ezinjalo."

16 E ordenou que fossem expulsos do tribunal.

16Waza ke wabakhupha apho enkundleni.

17 Então, todos se voltaram contra Sóstenes, administrador da sinagoga e o espancaram em frente ao tribunal. Contudo, Gálio não expressou qualquer perturbação diante desse episódio.

17Bahlasela uSosteno igosa lendlu yesikhungo, bambethela apho phambi kwenkundla. Kodwa yena uGaliyo zange azikhathaze ngaloo nto.

Paulo conclui sua segunda missão

UPawulos ubuyela eAntiyokwe

18 Paulo ficou em Corinto por vários dias; por fim, despedindo-se dos irmãos, navegou para Síria, levando em sua companhia Priscila e Áquila. Porém, antes de embarcar, raspou a cabeça em Cencreia, por causa de um voto que havia feito.

18UPawulos wahlala apho eKorinte ixesha elide, waza ke wanduluka apho ngesikhephe enoPrisila noAkwila, basinga eSiriya. Wathi xa aseKenkreya wacheba intloko yakhe, kuba wayenze isifungo.

19 Chegaram então a Éfeso, onde Paulo deixou Priscila e Áquila. Ele, no entanto, depois de entrar na sinagoga local, começou a pregar para os judeus.

19Bakufika e-Efese, uPawulos wabashiya ooPrisila noAkwila, waya endlwini yesikhungo, waxoxa khona namaJuda.

20 Estes rogaram que permanecesse por mais algum tempo, todavia, ele não aquiesceu.

20Babemcela ukuba ahlale nabo ixesha elide, kodwa akavuma.

21 Mas, ao despedir-se deles, ponderou: "Se Deus quiser, voltarei para vós outros". E, embarcando, partiu de Éfeso.

21Wasuka wathi xa ahambayo: "Ukuba ngaba kuyintando kaThixo ukuba ndibuye, ndobuya ndibuye." Waza ke wemka e-Efese.

22 Assim que chegou a Cesareia, subiu até a Igreja para saudá-la e depois desceu para Antioquia.

22Akufika eKhesariya, wadlula waya kubulisa ibandla, waza ke waya eAntiyokwe.

23 Havendo passado algum tempo em Antioquia, Paulo partiu dali e viajou por toda a região da Galácia e da Frígia, encorajando todos os discípulos.

23Emva kwethuba elapho wemka, watyhutyha imimandla yaseGalati neyaseFrigi, ehamba ewomeleza onke amakholwa.

Apolo em Éfeso e em Corinto

UApolo e-Efese naseKorinte

24 Enquanto isso, chegou a Éfeso um judeu, natural de Alexandria, chamado Apolo,

24E-Efese kwafika umJuda, ogama linguApolo, owazalelwa eAlesandriya.

homem eloquente e que acumulava grande experiência nas Escrituras.

[25] Fora instruído no Caminho do Senhor e com notável fervor pregava e ensinava com exatidão a respeito de Jesus, ainda que tivesse apenas o conhecimento do batismo de João.

[26] Apolo, portanto, começou a pregar com ousadia na sinagoga. E assim que Priscila e Áquila o ouviram, convidaram-no para uma visita à casa deles e lhe explicaram com acerto e clareza o Caminho de Deus.

[27] Então, desejando ele viajar para a Acaia, os irmãos o animaram e escreveram aos discípulos solicitando que o recebessem. Quando chegou, ele auxiliou muito aos que pela graça haviam crido,

[28] porquanto refutava veementemente os judeus em debates públicos, provando, por meio das Escrituras, que o Messias é Jesus.

Atos 19

A terceira viagem missionária de Paulo. Paulo prega o evangelho em Éfeso. Tumulto excitado por Demétrio

[1] E aconteceu que, enquanto Apolo estava em Corinto, Paulo atravessou as regiões altas, e chegando a Éfeso, encontrou ali alguns discípulos

[2] e lhes indagou: “Recebestes o Espírito Santo na época em que crestes?” Ao que eles replicaram: “De forma alguma, nem sequer soubemos que existe o Espírito Santo!”

[3] Diante disso, Paulo questionou: “Ora, em que tipo de batismo fostes batizados,

Wayeliciko lokuthetha, futhi ezazi ngokucokisekileyo iziBhalo.

[25]Wayeqeqeshiwe ngeNdlela yeNkosi, ngokunjalo wayethetha ngokutshiseka ezifundisa iinyaniso ezingoYesu ngentembeko. Nangona kunjalo wayesazi ubhaptizo lukaYohane kuphela.

[26]Wayethetha ngesibindi endlwini yesikhungo. Bathi ke bakumva ooPrisila noAkwila, bammemela emzini wabo, bamcacisela kakuhle ngokuzeleyo iNdlela yeNkosi.

[27]UApolo wagqiba ukuba aye kwelaseAkaya, aza amakholwa ase-Efese amkhuthaza amphathisa neleta emazisayo kumakholwa alapho. Akufika khona waba luncedo olukhulu kwabo babethe ngesisa sikaThixo baguquka,

[28]kuba ngenxa yobuciko bakhe wayewoyisa amaJuda ezingxoxweni. Kaloku wayecaphula eziBhalweni, ebonisa ukuba uYesu unguKrestu.

Umsebenzi Wabathunywa 19

UPawulos e-Efese

[1]Ngexesha uApolo wayeseKorinte, uPawulos yena wacanda phakathi kuloo mimandla, waya kufika e-Efese. Apho wafumana iqela labalandeli bakaYohane,

[2]wababuza wathi: “Namamkela na uMoya oyiNgcwele ukuzinikela kwenu?” Baphendula bathi: “Asizange sive nokuva ukuba kukho uMoya oyiNgcwele.”

[3]UPawulos wababuza wathi: “Phofu lubhaptizo luni enabhaptizwa ngalo?” Bona bathi: “Lubhaptizo lukaYohane.”

então?” E eles declararam: “No batismo de João”.

[4] Então Paulo lhes explicou: “O batismo realizado por João foi um batismo de arrependimento. Ele ordenava ao povo que cresse naquele que viria depois dele, ou seja, em Jesus!”

[4]UPawulos wabachazela wathi: “Ubhaptizo lukaYohane lona lwalusalatha inguquko. Yena wayebaxelela abantu ukuba bazinikele kulowo wayesiza emva kwakhe; nguYesu ke lowo.”

[5] E, compreendendo isso, eles foram batizados no Nome do Senhor Jesus.

[5]Bakuyiva le ntetho, babhaptizwa egameni leNkosi uYesu.

[6] Quando Paulo lhes impôs as mãos, veio sobre eles o Espírito Santo e começaram a falar em línguas e a profetizar.

[6]UPawulos wababeka izandla, batsho bamamkela uMoya oyiNgcwele, baza bathetha iilwimi, belithetha ilizwi likaThixo.

[7] Eram ao todo cerca de doze homens.

[7]Babengamadoda amalunga neshumi elinambini.

[8] Assim, durante três meses, Paulo frequentou a sinagoga, onde pregava com ousadia e poder, dissertando com eloquência e convencendo a muitos sobre o Reino de Deus.

[8]Ngesithuba seenyanga ezintathu uPawulos wayesiya endlwini yesikhungo yamaJuda, ethetha, exoxa nabo abantu ngesibindi, ezama ukuboyisela ekulawulweni nguThixo.

[9] Todavia, alguns deles demonstraram que seus corações estavam petrificados e descrentes, e passaram a falar mal do Caminho para toda a comunidade. Paulo, então, afastou-se deles, e tomando consigo os discípulos, começou a ensinar diariamente na escola de Tirano.

[9]Kodwa abanye babo baba neenkani, abavuma ukuzinikela, basuka bayingcikiva iNdlela yeNkosi esidlangalaleni. Ngoko ke uPawulos wabashiya, wathatha abalandeli bakaYesu, waza wafundisa imihla ngemihla esikolweni sikaTirano.

[10] E assim procedeu por dois anos, de forma que todos os habitantes da Ásia pudessem ouvir a Palavra do Senhor, tanto judeus como gregos.

[10]Le nto ke wayiqhuba isithuba seminyaka emibini, bada bonke abantu ababehlala kwelo phondo laseAsiya, amaJuda kwanamaGrike, baliva ilizwi leNkosi.

Oonyana bakaSkeva

[11] Deus fazia milagres maravilhosos por meio das mãos de Paulo,

[11]Amandla kaThixo âbonakala ngezinto ezingaqhelekanga ezazisenziwa nguPawulos.

[12] de tal maneira, que até lenços e aventais que Paulo usava eram levados e colocados

[12]Neetshefu ezi kwaneefaskoti ezichukumise umzimba kaPawulos

sobre os doentes. Estes eram curados de todas as suas enfermidades, assim como espíritos malignos eram expelidos deles.

[13] E alguns judeus, que peregrinavam praticando exorcismo, tentaram invocar o Nome do Senhor Jesus sobre os tomados por espíritos malignos, mandando: "Esconjuro-vos por Jesus, a quem Paulo prega!"

[14] Os que assim procediam eram os sete filhos de um judeu chamado Ceva, um dos chefes dos sacerdotes dos judeus.

[15] Certo dia, um daqueles espíritos demoníacos lhes respondeu: "Jesus, eu conheço, Paulo, sei quem é; no entanto, vós, quem sois?"

[16] Então o endemoninhado avançou sobre eles, os dominou e os agrediu com tamanha violência, que, desnudos e feridos, fugiram daquela casa.

[17] Assim que esse acontecimento se tornou conhecido de todos os judeus e gregos que habitavam em Éfeso, toda a população foi tomada de grande temor, e o Nome do Senhor Jesus era engrandecido.

[18] Muitos dos que creram, assim que chegavam, começavam a confessar e a declarar em público suas más obras praticadas.

[19] Da mesma forma, muitos dos que haviam se dedicado ao ocultismo, reunindo seus livros de magia, os queimaram diante de toda a comunidade reunida. Calculados os seus preços, chegou-se à estimativa de que o valor total equivalia a cinquenta mil moedas de prata.

zazibaphilisa abagulayo, kude kuphume neendimoni.

[13]AmaJuda athile awayejikeleza ekhupha iindimoni, nawo akhe azama ukusebenzisa igama leNkosi uYesu. Ayesithi kwiindimoni: "Ndikuyala ngegama likaYesu, lo ushunyayelwa nguPawulos."

[14]Aba babesenza le nto yayingoonyana abasixhenxe bombingeleli oyintloko womJuda owayenguSkeva igama.

[15]Kodwa indimoni yathi kubo: "Ndiyamazi uYesu, noPawulos ndiyamazi; nina ke ningoobani?"

[16]Ke kaloku indoda leyo yayinendimoni yabahlasela yabongamela, ibadlakazelisa kangangokuba baphuma apho kuloo ndlu bagqotsa bengxwelerhekile, neempahla zabo zivukuvuku.

[17]Onke amaJuda neentlanga ezazihlala apho e-Efese zasiva esi siganeko, zaza zoyika kakhulu; laza igama leNkosi uYesu lanikwa imbeko ladunyiswa.

[18]Amakholwa amaninzi azinikezela, ezivuma ezixela esidlangalaleni izinto azenzileyo.

[19]Uninzi lwâbo babesenza imilingo lwaziqokelela lwazitshisela esidlangalaleni iincwadi zalo. Bawabala bawadibanisa amaxabiso ezo ncwadi, bazifumana zikwisithuba samashumi amahlanu amawaka eerandi.

[20] E assim, a Palavra do Senhor era grandemente propagada e prevalecia poderosamente.

Paulo envia Timóteo e Erasto

[21] Passados esses acontecimentos, Paulo decidiu, no seu espírito, ir para Jerusalém, passando pela Macedônia e pela Acaia, e projetava: "Depois de haver estado ali, é necessário igualmente que eu veja Roma".

[22] E, enviando à Macedônia dois dos seus cooperadores, Timóteo e Erasto, ficou por mais algum tempo na província da Ásia.

Tumulto na assembleia do povo

[23] Naquele tempo aconteceu grande alvoroço por causa do Caminho.

[24] Um ourives chamado Demétrio, que confeccionava miniaturas de prata do templo de Diana e proporcionava grandes lucros aos artífices,

[25] promoveu uma reunião destes com os demais trabalhadores dessa profissão e lhes declarou: "Senhores! Sabeis que deste ofício vem o nosso enriquecimento.

[26] E estais observando e ouvindo que não apenas em Éfeso, como também em quase toda a província da Ásia, esse indivíduo Paulo, tem persuadido e alterado o modo de viver de muitas pessoas, afirmando que deuses feitos por mãos humanas não têm poder divino!

[27] Ao continuar isso, corremos o risco de ver não apenas nossa arte perder o prestígio que ostenta diante de todos, como também de o templo de a grande deusa Diana cair em descrédito. E mais, de a própria deusa, hoje adorada em toda a província da Ásia e em

[20]Ngamandla eNkosi ilizwi leNkosi lanwenwezela, lakhula, laya lisomelela ngokomelela ngale ndlela.

Udushe e-Efese

[21]Emva koko uPawulos wazimisela ukucanda kwelaseMakedoni nelaseAkaya, aze agqithele eJerusalem. "Ndakuba ndiyile khona, kufuneka ndiyibone neRoma," wakha watsho.

[22]Ke kaloku wathumela eMakedoni uTimoti noErasto abancedisi bakhe, lo gama athe yena wolula ukuhlala kwiphondo laseAsiya.

[23]Kungeli xesha ke apho kwavumbuluka udushe e-Efese ngenxa yeNdlela yeNkosi.

[24]UDemetriyo umfo owayebumba imifanekiso yendlu yesithixokazi uArtemis ngesiliva, wayewenzela ingeniso enkulu ngolu shishino amagcisa aqeshwe nguye.

[25]Wenza imbizo ke ekwabakho kuyo abaqeshwa kwakunye nabanye ababesenza umsebenzi okwanjengowakhe, wathi kubo: "Madoda, niyazi ukuba impumelelo yethu ixhomekeke kolu shishino.

[26]Niyabona nizivela ngokwenu into eyenziwa yile nkewu uPawulos. Uthi oothixo abenziwe ngabantu àbangabo konke, yaye uphumelele ekuboyiseni abantu abaninzi jikelele kule Efese, phantse wawugqiba ummandla waseAsiya uphela.

[27]Ilapha ke ingozi, kule ndawo yokuba ushishino olu lwethu lufumane igama elibi. Kanti asikokuphela kwaloo nto, ikwakho nale ndawo yokuba nendlu yesithixokazi uArtemis ayiyi kwazelwa nto, ukanti nesidima sesithixokazi saseAsiya – nditsho

todo o mundo, ser destituída de sua majestade divina".

[28] Assim que ouviram isso, foram tomados de grande ira e começaram a exclamar: "Grande é a Diana dos efésios!"

[29] Rapidamente, toda a cidade foi envolvida por absoluto alvoroço. O povo correu alucinado para o teatro, arrastando os companheiros de ministério de Paulo, os macedônios Gaio e Aristarco.

[30] Então, Paulo quis apresentar-se à multidão, mas os discípulos o contiveram.

[31] Também alguns dos oficiais religiosos romanos, amigos de Paulo, chegaram a mandar-lhe um recado expresso, rogando-lhe que não se arriscasse a ir ao teatro.

[32] A assembleia estava em total confusão. Uns gritavam de uma forma; outros, protestavam de outra. E a maior parte das pessoas, nem sabia ao certo porque estavam concentradas ali.

[33] Um grupo saído da multidão julgou que Alexandre fora o causador daquele tumulto, quando os judeus o impeliram para que fosse à frente. Ele, por sua vez, fazia sinal com as mãos, solicitando silêncio ao povo, para que pudesse expressar sua defesa pública.

[34] Todavia, assim que perceberam que ele era judeu, todos, a uma só voz, exclamaram durante quase duas horas sem parar: "Grande é a Diana dos efésios!"

esinqulwa lihlabathi liphela – siya kuphanza."

[28]Iwaphulaphule la mazwi indimbane leyo, yakhathazeka kakhulu, yadanduluka yathi: "Mkhulu uArtemis wamaEfese!"

[29]Le ntshukumo yatyhutyha yonke idolophu. Bahlasela uGayo noAristarko baseMakedoni ababehamba kunye noPawulos, babaqweqwedisela kwiqonga lemidlalo.

[30]UPawulos wafuna ukungena phakathi kwesihlwele eso, ukuze athethe naso, kodwa amakholwa akamvumelanga.

[31]Abathile kumagosa ephondo laseAsiya, ababenobuhlobo noPawulos, nabo bamthumela umyalezo, bemcebisa ukuba angayi phaya eqongeni lemidlalo.

[32]Kwangeli xesha ke intlanganiso xa iyonke yayisisiphithi-phithi nje. Kaloku abanye babekhwaza bethetha le, bambi bekhwaza bethetha leya; kuba kaloku uninzi lwaluhamba nje nezihlwele, lungazi nokuba indibano le yeyantoni na.

[33]Abanye abantu bamchazela ngale nto yenzekayo uAlesandire, kuba amaJuda ayegqatse yena phambili. UAlesandire wawangawangisa ngesandla ukuba kuthi cwaka, efuna ukulamla.

[34]Kodwa bathi bakumqonda ukuba ungumJuda, batsho ngazwinye, besenza intswahla, bekhwaza, bephinda-phinda besithi: "Mkhulu uArtemis wamaEfese!" Kwada kwaphela iiyure ezimbini besenza loo nto.

[35] Então, o secretário geral da cidade acalmou a multidão e ponderou-lhes: “Caros cidadãos efésios! Quem, porventura, desconhece que a cidade de Éfeso é guardiã do templo da grande Ártemis e da sua imagem que caiu de Zeus?”
[36] Portanto, considerando que estes acontecimentos são inegáveis, convém que vos aquieteis e nada façais irrefletidamente.
[37] Porque estes homens, que aqui trouxestes, não são ladrões de templos, nem tampouco blasfemaram contra nossa deusa.
[38] Assim, se Demétrio e os artífices que o acompanham têm alguma queixa contra alguém, os tribunais estão abertos, e há procônsules para isso. Eles que apresentem suas denúncias ali.
[39] Contudo, caso haja qualquer outro pleito, este deverá ser decidido em assembleia regular, conforme a lei.
[40] Porquanto, da forma como estamos procedendo, corremos o perigo de sermos acusados de perturbar a ordem pública, tendo em vista o tumulto ocorrido hoje. E, neste caso, não nos haveria motivo razoável que pudéssemos alegar para justificar tamanha movimentação do povo”.
[41] E, tendo dito isso, desfez a assembleia.

Atos 20

Paulo visita outra vez a Macedônia e a Grécia e, depois, volta para a Ásia

[1] Passado aquele alvoroço, Paulo mandou chamar os discípulos, e havendo-os encorajado, despediu-se e partiu para a região da Macedônia.

[35]Kwathi ngelikade unobhala wedolophu wada wanako ukusithomalalisa isihlwele. Wathi: “MaEfese, wonke ubani uyazi ukuba le dolophu yase-Efese ngumgcini wendlu yesikhulukazi uArtemis, nowomfanekiso oqingqiweyo owavela ezulwini.
[36]Akukho bani unako ukuziphikisa ezi zinto. Ngoko ke zolani, ningenzi nto ngokungakhathali.
[37]La madoda nize nawo apha, nangona angebanga zinto zingcwele zendlu yonqulo okanye anyelise isithixokazi sethu.
[38]Ukuba uDemetriyo nezicaka zakhe banesityholo ngakubani, ikho imihla eyaziwayo yenkundla, neziphathamandla zikhona; bangamangalelana khona.
[39]Kodwa ukuba kukho enye into, inokulungiswa yintlanganiso esemthethweni yabemi.
[40]Kaloku ngenxa yale nto yehle namhlanje, sisengozini yokutyholwa ngokwenza ingxushungxushu. Asinandlela yakuziphendulela ngolu dushe, singenaso nesizathu esibambekayo.”
[41]Akuba etshilo, wayichitha intlanganiso.

Umsebenzi Wabathunywa 20

UPawulos eMakedoni nakwelamaGrike

[1]Lwakuba ludambile udushe olo, uPawulos wawahlanganisa amakholwa, wawanika amazwi enkuthazo nawokwahlukana. Waza wasuka apho wasinga kwelaseMakedoni.

[2] Viajou por toda a região, animando os irmãos com muitas exortações e, finalmente, chegou à Grécia,

[3] onde permaneceu por três meses. Quando estava pronto para embarcar para Síria, os judeus moveram uma conspiração contra ele; por isso, decidiu retornar pela Macedônia,

[4] no que foi acompanhado por Sópatro, filho de Pirro, de Bereia; Aristarco e Secundo, de Tessalônica; Gaio, de Derbe; e Timóteo, além de Tíquico e Trófimo, da província da Ásia.

[5] Esses irmãos, porém, foram adiante e nos esperaram em Trôade.

[6] E nós, depois dos dias dos Pães sem Fermento, navegamos de Filipos e, em cinco dias, nos encontramos com eles no porto de Trôade, onde ficamos por mais sete dias.

Paulo ressuscita o jovem Êutico

[7] No primeiro dia da semana nos reunimos com a finalidade de partir o pão, e Paulo pregou ao povo. Planejando seguir viagem no dia seguinte, continuou falando até a meia-noite.

[8] Havia muitas tochas iluminando a grande sala, no piso superior, onde estávamos reunidos.

[9] Certo jovem chamado Êutico, que estava sentado numa das janelas, adormeceu profundamente durante o longo sermão de Paulo. Vencido pelo sono, caiu do terceiro andar. Quando tentaram erguê-lo, já estava morto.

[10] Contudo, descendo Paulo, debruçou-se sobre o rapaz e o abraçou, declarando: “Não vos alarmeis, pois sua alma vive!”

[2]Watyhutyha loo mimandla, ehamba ethetha amazwi enkuthazo ebantwini. Wafika nakwelamaGrike,

[3]apho wahlala iinyanga ezintathu. Wathi xa alungiselela ukuya eSiriya, wabhaqa ukuba amaJuda amenzela iyelenqe, waza wabona ukuba makaphindele emva, acande kwelaseMakedoni.

[4]Nâba abâmkhapháyo: uSopatro unyana kaPiro waseBheriya, uAristarko noSekundo baseTesalonika, uGayo waseDerbhe noTimoti, kwanoTikiko noTrofimo baseAsiya.

[5]Basandulela baya kusilinda eTrowa.

[6]Emva kweSidlo seZonka ezingenaGwele sanduluka eFilipi ngesikhephe, saza emva kweentsuku ezintlanu sadibana nabo eTrowa, apho sachitha iveki khona.

Utyelelo lokugqibela lukaPawulos eTrowa

[7]Ngokuhlwa koMgqibelo sahlanganisana kwisidlo sobudlelwana. UPawulos wathetha nabo abantu, wolula kwada kwaphakathi kobusuku, kuba kaloku wayeza kuhamba ngomhla olandelayo.

[8]Intlanganiso leyo yayisegumbini eliphezulu apho kwakukho izibane ezininzi.

[9]Umfana ogama linguYutiko wayehleli efestileni, wada wozela walala, kuba uPawulos engayeki ukuthetha. Wothuleka apho kumngangatho wesithathu, waya kuwa emhlabeni, bamchola apho efile.

[10]UPawulos wehla waya kuye, wafika waziphosa phezu kwakhe, wamgona, wathi: “Sanukothuka, kuba akafanga, uhleli!”

[11] Em seguida, subindo novamente, partiu o pão e comeu. Depois, continuou a pregar até o alvorecer, quando saiu para continuar sua jornada.
[12] Então conduziram vivo o rapaz e sentiram-se extremamente confortados.

Paulo decide ir a pé até Assôs

[13] Nós, entretanto, nos dirigimos ao navio e embarcamos para Assôs, onde receberíamos Paulo a bordo. Pois assim ele havia determinado, tendo preferido ir a pé.

[14] Quando nos alcançou em Assôs, o recebemos a bordo e seguimos viagem até Mitilene.
[15] No dia seguinte, navegamos dali e chegamos em frente de Quio. No outro dia, cruzamos para Samos e, um dia depois, chegamos a Mileto.
[16] Porquanto, Paulo havia decidido não aportar em Éfeso, para não se demorar na província da Ásia, pois tinha muita pressa de chegar a Jerusalém, se possível, antes do dia de Pentecoste.

O discurso de Paulo aos anciãos da igreja de Éfeso

[17] De Mileto Paulo pediu para que fossem chamados os presbíteros da Igreja de Éfeso.
[18] Assim que se reuniram, Paulo lhes declarou: "Vós bem sabeis como foi que me comportei entre vós durante todo o tempo em que vivi convosco, desde o primeiro dia em que cheguei à província da Ásia.

[19] Servi ao Senhor com toda a humildade e com lágrimas, sendo impiedosamente provado pelas ciladas dos judeus.

[11]Waza ke uPawulos wenyuka waya egumbini eliphezulu, wafika wathatha isonka watya. UPawulos wathetha nabo kwada kwaphuma ilanga, waza ke wemka.
[12]Umfana lowo bagoduka naye ephilile, nabo bethuthuzelekile.

Uhambo lokusuka eTrowa ukuya eMileto

[13]Thina sahlabela mgama, sihamba ngenqanawa, saya kutsho eAso, apho sasiza kuthatha uPawulos khona, kuba lo yayingumyalelo wakhe, njengoko yena wayehamba emhlabeni.

[14]Wathi akudibana nathi eAso, sahamba naye saya kufika eMitilene.

[15]Sasuka apho, saya kudlula malunga neKiyo ngosuku olulandelayo. Kwakhona ngemini elandelayo safika eSamo, saza ngengomso saya kufika eMileto.
[16]UPawulos wayegqibe ukuba angagqithi e-Efese, ukuze angachithi xesha kwiphondo laseAsiya. Wayengxamele ukuba usuku lwePentekoste lumfikele eseJerusalem xa kunokwenzeka.

Intetho kaPawulos nabadala base-Efese

[17]Sathi xa siseMileto, uPawulos wathumela e-Efese, ukuba abadala bebandla baye kuye.

[18]Bakufika wathi kubo: "Nina ngokwenu niyayazi kakuhle indlela endahlala nani ngayo, ukusuka kwimini yokuqala endathi ndafika ngayo kweli phondo laseAsiya.

[19]Njengesicaka seNkosi, umsebenzi wam ndawenza ngentobeko ndisezinyembezini, nakumaxesha anzima ândifikeláyo ngenxa yamayelenqe amaJuda.

[20] Sabeis igualmente, que jamais deixei de vos pregar nada que fosse proveitoso, mas vos ensinei tudo em público e de casa em casa.

[21] Testemunhei, tanto a judeus como a gregos, que eles necessitam converter-se a Deus sob total arrependimento e fé em nosso Senhor Jesus.

[22] Agora, pois, compelido pelo Espírito Santo, estou seguindo para Jerusalém, desconhecendo o que ali me sucederá.

[23] Sei, no entanto, que em todas as cidades o Espírito Santo me previne que prisões e sofrimentos estão preparados para mim.

[24] Contudo, nem por um momento considero a minha vida como valioso tesouro para mim mesmo, contanto que possa completar a missão e o ministério que recebi do Senhor Jesus, para dar testemunho do Evangelho da graça de Deus.

[25] Estou consciente de que, desde agora, nenhum de vós, entre os quais passei ensinando sobre o Reino, vereis outra vez o meu rosto.

[26] Portanto, hoje vos proclamo que estou inocente do sangue de todos.

[27] Porque jamais deixei de vos ensinar toda a vontade de Deus.

[28] Concluindo, tende cuidado de vós mesmos e de todo o rebanho sobre o qual o Espírito Santo vos estabeleceu como epíscopos para pastoreardes a Igreja de Deus, que Ele comprou com o sangue do seu Filho Unigênito.

[20]Niyazi ukuba andinifihlelanga nto ebinokuba luncedo kuni, xa bendishumayela ndinifundisa esidlangalaleni nasemakhayeni enu.

[21]KumaJuda nasezintlangeni ndazingisa ukubalumkisa abantu ukuba baguqukele kuThixo beyivuma iNkosi yethu uYesu.

[22]Ngoku ke ngokuthundezwa nguMoya oyiNgcwele ndiya eJerusalem, ndingayazi into eya kundihlela khona.

[23]Ndazi nto-nye, le yokuba kuzo zonke iidolophu uMoya oyiNgcwele undilumkisile ukuba ndilindelwe yintolongo neenkxwaleko.

[24]Kodwa kum ukuphila akubalulekanga ngaphezu kokuba ndilufeze ubizo lwam, ndiwugqibe umsebenzi endawunikwa yiNkosi wokuvakalisa iindaba ezimnandi zesisa sikaThixo.

[25]“Ndijikelezile phakathi kwenu, ndivakalisa ngolawulo lukaThixo kuni. Ibe ngoku ndazi kakuhle ukuba akukho bani kuni uya kuphinda andibone.

[26]Ngokunjalo ndingqina ndiqinisekile ngayo le mini ukuba xa kuthe kwakho umntu olahlekayo apha kuni, ndimsulwa mna,

[27]kuba andizange ndifihle nto – ndalivakalisa njengoko linjalo icebo likaThixo kuni.

[28]Zilumkeleni nina ngokwenu, niwulumkele nawo umhlambi athe uMoya oyiNgcwele wanibeka phezu kwawo. Yibani ngabelúsi bebandla likaThixo, athe walizuza ngegazi lowakhe uNyana.

29 Eu sei que, logo após minha partida, lobos ferozes se infiltrarão por entre a vossa comunidade e não terão piedade do rebanho.

30 E ainda mais, dentre vós mesmos surgirão homens que torcerão a verdade, com o propósito de conquistar os discípulos para si.

31 Por isso, vigiai! Lembrai-vos de que, durante três anos, noite e dia, não parei de prevenir a cada um de vós, com lágrimas, quanto a isso.

32 Agora, pois, eu vos dedico aos cuidados especiais de Deus e à Palavra da sua graça, que tem o poder para vos edificar e dar herança entre todos os que são santificados.

33 De ninguém cobicei prata, nem ouro nem roupas.

34 Vós mesmos sois testemunhas que estas mãos trabalharam para suprir minhas necessidades e as de meus companheiros.

35 Por meio de todas as minhas realizações, tenho-vos mostrado que, mediante trabalho árduo, devemos cooperar com os necessitados, lembrando as palavras do próprio Senhor Jesus: 'É mais bem-aventurado dar do que receber'".

Paulo se despede orando com todos

36 Havendo concluído essas declarações, ajoelhou-se com todos eles e orou.

37 Então, abateu-se sobre todos profundo sentimento de tristeza, e abraçando afetuosamente a Paulo, o beijavam.

38 O que mais sensibilizou a todos foi a revelação de que nunca mais veriam o seu

29Kuba ndiyazi ukuba ndakumka, kuya kuvela kwalapha kuni iingcuka eziqwengayo, ezingayi kuba nanceba ngomhlambi lo.

30Kwalapha kuni kuya kubakho amadoda agqwetha inyaniso, enenjongo yokuwalahlekisa amakholwa.

31Lumkani ngoko, nikhumbule ukuba imini nobusuku ndaniluleka nonke ngabanye, ndisezinyembezini, ithuba leminyaka emithathu.

32"Ngoko ke ndiyambongoza uThixo ukuba makanikhusele. Uya kunakha ngodaba lwesisa sakhe, olunamandla okunenza nilixhamle ilifa kunye nabo bonke abantu bakhe.

33Andizange ndinqwenele mali nampahla yamntu.

34Kaloku nazi mhlophe ukuba ndasebenza ngezi zandla zam, ndizixhasa kuzo zonke iintswelo zam kwanezamahlakani am.

35Ndinibonisile ngeendlela zonke ukuba sifanele ukusebenza nzima, ukuze sincede nabo bahluphekileyo, siwakhumbula amazwi eNkosi athi: 'Kuluyolo ukupha ngaphezu kokuphiwa.' "

36Akuwagqiba la mazwi uPawulos, waguqa nabo bonke, wathandaza.

37Bathi besithi ndlela-ntle kuye, baye bengenakuzibamba bengqukruleka. Babemgona ngokwesiko labo.

38Babehlatyaniselwe ngokukodwa ngamazwi awawathetháyo esithi abayi

rosto. E, assim, o acompanharam até o navio.

Atos 21

Paulo chega a Jerusalém e é preso no templo

1 Então, após nos apartarmos deles, embarcamos e navegamos diretamente para Cós. No dia seguinte, chegamos a Rodes, e dali a Pátara.

2 Encontrando um navio que seguia para a Fenícia, embarcamos e partimos.

3 Ao avistarmos Chipre e seguirmos em direção ao sul, navegamos para a Síria. Desembarcamos em Tiro, onde nosso navio deveria ser descarregado.

4 Havendo encontrado os discípulos locais, ficamos com eles sete dias. E eles, pelo Espírito, recomendavam a Paulo que não seguisse para Jerusalém.

5 Todavia, quando se encerrou nosso tempo naquele local, partimos e demos continuidade à nossa viagem. Todos os discípulos, com suas esposas e filhos, nos acompanharam até fora da cidade, e ali na praia nos ajoelhamos e oramos.

6 Então, nos despedimos uns dos outros, embarcamos, e eles retornaram para suas casas.

7 Concluída a nossa viagem, de Tiro chegamos a Ptolemaida; e depois de saudar a todos os irmãos, passamos o dia com eles.

8 Partindo no dia seguinte, fomos para Cesareia; ali chegamos e fomos recebidos na casa de Felipe, o evangelista, que era um dos sete.

kuphinda bambone. Baza ke bamkhapha, baya naye enqanaweni.

Umsebenzi Wabathunywa 21

UPawulos uya eJerusalem

1Sakwahlukana nabo, sangena enqanaweni, sahamba ngqo sada saya kufika eKos. Ngengomso sagaleleka eRodo, sasuka saya kutsho ePatara.

2Safumana inqanawa apho eyayisiya eFenike, saza sangena kuyo, sahamba ngayo.

3Sayithi ntlaa, sayishiya ngasekhohlo iSipro, sijonge eSiriya. Sehla enqanaweni eTire. Kaloku kwakulapho yayiza kothulwa khona umthwalo.

4Safika kukho amakholwa apho, saya kuhlala nawo iveki yonke. Ngokutyhilelwa nguMoya oyiNgcwele athi uPawulos makangayi eJerusalem.

5Kodwa lakufika ixesha lokumka, sayihamba indlela yethu. Basikhapha sada sangaphandle kwedolophu, bekunye nabafazi kwanabantwana babo. Saguqa elunxwemeni apho, sathandaza.

6Sahlukana ke, thina sangena enqanaweni, bona bagoduka.

7Ukusuka kwethu eTire, sahamba sada saya kufika eTolimayi. Apho sadibana namakholwa, sahlala nawo imini yonke.

8Kwakusa salishiya elo, saya kungena eKhesariya. Apho safikela emzini womvakalisi weendaba ezimnandi uFilipu, omnye walaa madoda asixhenxe awanyulwa eJerusalem.

[9] Ele tinha quatro filhas virgens que profetizavam.

[10] Demorando-nos ali por muitos dias, desceu da Judeia um profeta chamado Ágabo.

[11] Ele chegou com o propósito de falar conosco, e assim que nos encontrou, tomou o cinto de Paulo e, amarrando os seus próprios pés e mãos, profetizou: “Assim diz o Espírito Santo: ‘Desta maneira os judeus em Jerusalém amarrarão o homem a quem pertence esse cinto e o entregarão nas mãos dos gentios!’”

[12] Assim que ouvimos tal revelação, nós e todo o povo local suplicamos a Paulo que não subisse para Jerusalém.

[13] Então Paulo declarou: “Por que fazeis isso? Não choreis, pois assim fazendo, partis meu coração! Eis que estou pronto não apenas para ser amarrado, mas também a morrer em Jerusalém pelo Nome do Senhor Jesus!”

[14] Assim, como não nos foi possível demovê-lo, aquiescemos e exclamamos: “Faça-se, pois, a vontade do Senhor!”

[15] Havendo passado aqueles dias, preparamos as cavalgaduras e subimos rumo a Jerusalém.

[16] E alguns dos discípulos de Cesareia nos acompanharam e nos conduziram à casa de Mnasom, que era natural de Chipre, um dos primeiros discípulos, com quem iríamos nos hospedar.

A entrada de Paulo em Jerusalém

[9]Wayeneentombi ezine ezingendanga ezaziluvakalisa udaba lweNkosi.

[10]Kuthe sekuntsuku silapho, kwafika umvakalisi-dabaonguAgabho, evela kwaJuda.

[11]Ufike wathatha ibhanti kaPawulos, wazibopha ngayo iinyawo nezandla, wathi: “Uthi uMoya oyiNgcwele: ‘Umnini wale bhanti uya kubotshwa enjiwenje ngamaJuda eJerusalem, yaye aya kumnikela ezintlangeni.’ ”

[12]Sakuyiva le nto, samcenga uPawulos, sikunye namakholwa alapho, ukuba angayi eJerusalem.

[13]Kodwa wathi ukuphendula: “Nenza ntoni, nifuna ukundityhafisa nje ngezi nyembezi zenu? Andilungelanga kubotshwa kuphela eJerusalem; kwanokufa oku ndikulungele ngenxa yeNkosi uYesu.”

[14]Sancama ke, kuba singabanga nakumoyisa, sathi: “Makwenzeke ukuthanda kweNkosi.”

[15]Emva kwexesha silapho salungiselela ukuya eJerusalem.

[16]Abanye babalandeli bakaYesu baseKhesariya bahamba nathi, basisa endlwini yendoda egama linguMnaso, esathi sahlala nayo. Loo ndoda yayingumfo waseSipro, ilikholwa elaguquka kwimihla yangaphambili.

UPawulos uhambela uYakobi

[17] Havendo nós chegado a Jerusalém, vieram os irmãos e nos receberam com grande alegria.
[18] No dia seguinte, Paulo seguiu em nossa companhia para encontrar-se com Tiago; e todos os presbíteros estavam reunidos.
[19] Então Paulo os saudou e passou a relatar-lhes em detalhes o que Deus havia realizado entre os gentios por intermédio do seu ministério.

[20] Ouvindo isso, eles glorificaram a Deus e declaram-lhe: “Bem vês, irmão, quantos milhares de judeus têm crido e todos são zelosos da Lei!

[21] Porém, eles têm sido informados a teu respeito, de que ensinas todos os judeus que estão entre os gentios a se afastarem de Moisés, pregando que não circuncidem seus filhos nem tampouco andem segundo as tradições e costumes.
[22] Que faremos, portanto? Certamente todos saberão que chegaste.
[23] Faze, pois, o que te vamos orientar. Estão conosco quatro homens que fizeram um voto.

[24] Participa com esses homens dos rituais de purificação e paga as despesas deles, para que rapem a cabeça. Dessa forma, todos observarão que é falso o que ouviram a teu respeito, e que, em verdade, tu mesmo continuas andando sob absoluta obediência à Lei.

[25] Entretanto, quanto aos gentios que se converteram, já lhes escrevemos a nossa

[17]Ekufikeni kwethu eJerusalem, amakholwa asamkela ngezandla ezishushu.

[18]Ngengomso sahamba noPawulos, saya kubona uYakobi. Nabo bonke abadala bebandla babekhona.

[19]Ebabulisile uPawulos, wabanika ingxelo epheleleyo ngezinto zonke uThixo awayezenzile ngaye phakathi kweentlanga.

[20]Bathi bakuziva, bamdumisa uThixo xa bebonke. Baza bacebisa bathi kuPawulos: “Mfondini, nawe uyazibonela ngokwakho ukuba apha kukho amawaka-waka amaJuda aguqukileyo angamakholwa, kodwa asabambelele emthethweni kaMosis.

[21]Evile ke ngawe ukuba wena ufundisa onke amaJuda ahlala kumazwe eentlanga, ukuba awulahle umthetho kaMosis. Futhi kuthiwa wena uthi makangabolùsi abantwana bawo, bangawalandeli namasiko esiJuda.

[22]Kunjalonje aza kuva ukuba ufikile. Uthi kungenziwa ntoni?

[23]Phulaphula ke, sikucebise! Apha kukho amadoda amane azibophe ngesifungo.

[24]Ngoko ke wena zibandakanye nawo, ungene ekuhlanjululweni, uze uwahlawulele iindleko zawo, abe nako ukuzicheba iintloko zawo. Ngale ndlela ke wonke umntu uya kuqonda ukuba bubuxoki yonke le nto bayivileyo ngawe – ndaweni yaloo nto wena ngokwakho usawugcinile umthetho kaMosis.

[25]Kodwa zona iintlanga ezingamakholwa sasizibhalele ileta ngokwesigqibo sethu,

determinação para que se abstenham de comer qualquer alimento oferecido aos ídolos, do sangue, da carne de animais estrangulados e de todo tipo de imoralidade sensual".

26 Diante disso, no dia seguinte, Paulo levou consigo aqueles homens e passou com eles pelos rituais de purificação. Em seguida, foi ao templo para declarar o prazo do cumprimento dos dias da purificação e da oferta que seria consagrada individualmente em favor deles.

Paulo é agredido e preso

27 Contudo, quando os sete dias estavam quase terminando, alguns judeus da província da Ásia, observando Paulo no templo, incitaram toda a multidão e o agarraram,

28 esbravejando: "Homens de Israel, ajudai! Este é o homem que por toda parte prega a todos contra o nosso povo, contra a Lei e contra este lugar. Além de tudo, introduziu gregos no templo e profanou este santo lugar!"

29 Diziam isso, pois o haviam visto na cidade, com Trófimo, o efésio, e presumiram que Paulo o havia trazido ao templo.

30 Por esse motivo, toda a cidade se alvoroçou, e houve grande ajuntamento de pessoas. Então, agredindo Paulo, arrastaram-no para fora do templo e, em seguida, as portas do templo foram fechadas.

Paulo é salvo da fúria do povo

31 Enquanto estavam tentando matá-lo, chegou ao comandante das tropas romanas

sibayala ukuba bangakutyi ukutya kwedini, nanyama inegazi, nasilwanyana sikrwitshiweyo, futhi bazikhwebule ekurheletyeni."

26Ke kaloku uPawulos wahlangana nawo loo madoda, waza ngengomso walenza kunye nawo isiko lokuhlanjululwa. Waza ke waya endlwini kaThixo ukuya kwenza amalungiselelo alo mcimbi, ngokukodwa malunga nomnikelo owawuya kufuneka ekupheleni kwexesha lentlambululo.

Ukubanjwa kukaPawulos

27Xa zaziza kuphela iintsuku ezisixhenxe zentlambululo, amaJuda athile ephondo laseAsiya ambona uPawulos esendlwini kaThixo. Avusa uqhushululu ebantwini, ambamba uPawulos,

28akhwaza esithi: "MaSirayeli, yizani! Nantsi le ndoda ihamba ithetha kakubi ngamaSirayeli, ngomthetho kaMosis, nangendlu kaThixo, kumntu wonke. Ngoku ize kungcolisa le ndawo ingcwele ngokungenisa iintlanga kuyo."

29Babesitsho kuba babekhe bambona kaloku uTrofimo wase-Efese edolophini apho, ekunye noPawulos; ngoku ke babeba uPawulos umzise endlwini kaThixo.

30Yaba ludushe ke kuyo yonke idolophu; basuka indulumbane bonke abantu, bambamba uPawulos, bamqweqwedisela ngaphandle kwendlu kaThixo. Kwangoko bazivala iingcango.

31Babeza kumbulala uPawulos ukuba kwakungafikanga lizwi kwingqwayi-

a informação de que toda a cidade de Jerusalém estava sob grande tumulto.

32 Então, no mesmo instante, reuniu alguns de seus soldados e oficiais e correu até o centro da multidão alvoroçada. Quando viram o comandante com seus soldados, pararam de espancar a Paulo.

33 Assim que chegou, o comandante mandou prender a Paulo e ordenou que ele fosse algemado a duas correntes. Depois interrogou quem era ele e o que havia feito.

34 E do meio da multidão uns gritavam de uma maneira e outros de outra. Sem conseguir deduzir a verdade por causa do alvoroço, ordenou que Paulo fosse levado para a fortaleza.

35 Ao chegar às escadas, a violência da multidão era tão feroz que Paulo precisou ser carregado pelos soldados.

36 E a multidão que os seguiam não parava de gritar: “Mata-o!”

Paulo fala da sua missão em Cristo

37 Pouco antes de ser levado para dentro da fortaleza, Paulo solicitou ao comandante: “Tenho permissão para te dirigir a palavra?” Então, o comandante lhe indagou: “Falas a língua grega?

38 Não és, porventura, o egípcio que há algum tempo deu início a uma revolução e levou para o deserto quatro mil terroristas armados?”

39 Ao que Paulo declarou: “Sou judeu, cidadão de Tarso, cidade de grande importância na Cilícia. Peço-te que me consintas falar ao povo.

ngqwayi yomkhosi wamaRoma, liyixelela ngodushe oluseJerusalem.

32Kwangoko ingqwayi-ngqwayi yesuka kunye namagosa ayo, neqela lamajoni, yasukela apho kolo dushe. Bakuyibona isiza namajoni, bayeka ukumbetha uPawulos abantu.

33Ingqwayi-ngqwayi yaya kuPawulos, yambamba, yayalela nokuba akhonkxwe ngamatyathanga amabini. Yaza ke yabuza isithi: “Ngubani lo mntu? Wenze ntoni?”

34Loo ndimbane yaphendula, abanye bethetha le, abanye bethetha leya. Kwakuphithizela kangangokuba ingqwayi-ngqwayi ayizange ikuqonde ncam okwakwenzekile, yaza ke yayalela ukuba uPawulos asiwe enqabeni yamajoni.

35Baya kufika naye ezitepsini, kwanyanzeleka ukuba amthwale apho amajoni, ngenxa yesiphithi-phithi sabantu.

36Bonke babemlandela bekhwaza besithi: “Bulala!”

UPawulos uzama ukuzithethelela

37Xa babeza kungena enqabeni, wathi uPawulos kwingqwayi-ngqwayi yomkhosi: “Ndingákhe ndithethe nawe?” Ingqwayi-ngqwayi ithe: “Kanti uyasazi isiGrike?

38Kuthe kanti akunguye laa mJiputa wakha wadala uqhushululu apha, wakhokelela endle amawaka amane abarhubuluzi bexhobile?”

39Uphendule wathi uPawulos: “Mna ndingumJuda; ndazalelwa eTarso kwelaseKiliki. Ndingummi wedolophu ebalulekileyo. Ndivumele ndikhe ndibhekise ilizwi kwaba bantu.”

[40] O comandante lhe deu permissão. Então Paulo, colocou-se em pé na escada e fez sinal à multidão. Quando todas as pessoas se aquietaram, Paulo começou a lhes falar em aramaico:

[40]Yamvumela ingqwayi-ngqwayi, waza ke uPawulos emi ezitepsini wawangawangisa ngesandla ukuba bathi cwaka abantu, wadanduluka ngesiHebhere esithi:

Atos 22

O discurso de Paulo em sua defesa

[1] "Irmãos e pais! Dai ouvidos à minha defesa, que neste momento apresento diante de vós".

[2] E, assim que ouviram que lhes falava em aramaico, guardaram o mais atento silêncio.

[3] Então Paulo declarou: "Sou judeu, nascido em Tarso da Cilícia, mas criado nesta cidade. Fui educado rigorosamente na Lei de nossos antepassados, aos pés de Gamaliel, sendo tão zeloso por Deus, assim como estais sendo vós neste dia.

[4] Persegui os seguidores do Caminho até a morte, algemando tanto homens quanto mulheres e jogando-os no cárcere,

[5] como bem pode testemunhar o sumo sacerdote, assim como todo o conselho dos anciãos. Visto que deles recebi cartas requisitando a cooperação dos irmãos, e segui para Damasco, com a finalidade de deter e trazer algemados para Jerusalém os que ali estivessem para serem severamente punidos.

[6] Entretanto, por volta do meio-dia, enquanto me aproximava de Damasco, de

Umsebenzi Wabathunywa 22

[1]"Mawethu, nani bobawo, khanindiphulaphule xa ndiziphendulelayo."

[2]Bathi bakumva ukuba uthetha ngesiHebhere, bathi cwaka. Waza waqhuba wathi uPawulos:

[3]"Mna ndingumJuda, ndazalelwa eTarso kwelaseKiliki, kodwa ndakhulela apha eJerusalem, ndingumfundi kaGamaliyeli. Ndafumana ingqeqesho ecokisekileyo kumthetho wookhokho bethu; futhi ndandizinikele kuThixo, ndinjengokuba ninjalo nani namhlanje.

[4]Ndandibatshutshis' ukufa abantu abalandela le Ndlela. Ndandiwabamba amadoda kwanabafazi, ndibafake entolongweni.

[5]Umbingeleli omkhulu neBhunga xa lilonke bangangqina ukuba ndithetha inyaniso xa nditshoyo. Ndandithatha iincwadi kubo, zibhalelwe amaJuda aseDamasko, ndize mna ndihambe ndiye kubamba abantu, ndibabuyise bekhonkxiwe, ndibazise eJerusalem, ukuze bohlwaywe."

UPawulos uthetha ngenguquko yakhe

(Mseb 9:1-19; 26:12-18)

[6]"Ndathi xa ndandihamba ndisondela eDamasko, emini emaqanda, ndabona ukukhanya okuqaqambileyo

repente, uma fulgurante luz vinda do céu reluziu ao meu redor.

[7] Caí por terra e ouvi uma voz que me indagava: ‘Saul, Saul, por que me persegues?’

[8] Diante disso, perguntei: Quem és tu, Senhor? Ao que Ele me afirmou: ‘Eu Sou Jesus, o nazareno, a quem persegues!’

[9] E aqueles homens que me acompanhavam também viram o brilho da luz, mas não compreenderam a voz daquele que falava comigo.

[10] Então inquiri: Senhor, que devo fazer? E o Senhor me ordenou: ‘Levanta-te e segue para Damasco, onde te será comunicado tudo o que necessitas fazer’.

[11] Tendo ficado cego devido ao intenso resplendor daquela luz, cheguei a Damasco guiado pela mão dos meus companheiros de viagem.

[12] Um homem piedoso segundo a Lei, chamado Ananias, e muito respeitado por todos os judeus que ali moravam,

[13] veio ao meu encontro e, colocando-se de pé ao meu lado, determinou: ‘Irmão Saulo, recupera a tua visão!’

[14] Em seguida ele me revelou: ‘O Deus dos nossos antepassados te escolheu para conheceres sua vontade, veres o Justo e ouvires a Palavra da sua própria boca.

[15] Pois serás sua testemunha, perante todas as pessoas, dos sinais que tens visto e ouvido.

esibhakabhakeni kundibengezelela ngeenxa zonke.

[7]Ndawa emhlabeni, ndaza ndeva ilizwi lisithi: ‘Sawule, Sawule, unditshutshisela ntoni na?’

[8]Ndabuza ndathi: ‘Ungubani wena, Nkosi?’ Laphendula lathi: ‘NdinguYesu waseNazarete, lo umtshutshisayo.’

[9]Amadoda endandihamba nawo akubona okunene ukukhanya, kodwa akazange ayive into ethethwa ngulowo wayethetha nam.

[10]Ndabuza ndathi: ‘Ndingenza ntoni, Nkosi?’ Yaza yathi iNkosi kum: ‘Vuka, uye eDamasko; woyixelelwa khona apho into yonke akumisele ukuba uyenze uThixo.’

[11]Ukubengezela kokukhanya oko ndakubonayo kwanditsho ndayimfama, baza abo babendiphahlile bandibamba ngesandla, bandikhokelela eDamasko.

[12]“Apho ke kwakukho indoda ethile egama linguHananiya. Yayiyindoda ewuzondeleleyo iwuthobele umthetho, ihlonelwa kakhulu ngawo onke amaJuda aseDamasko.

[13]Yeza yafika yema ecaleni kwam, yathi: ‘Sawule, mfondini, buya ubone.’ Kanye ngaloo mzuzu avuleka amehlo am, ndaza ndabona.

[14]Wathi: ‘UThixo wookhokho bethu ukukhethele ukuba ukwazi ukuthanda kwakhe, ukuze usibone isiCaka sakhe esililungisa, uve ilizwi lakhe lithetha nawe,

[15]kuba uya kuba lingqina lakhe, wazise bonke abantu izinto ozibonileyo nozivileyo.

[16] E, agora, o que mais esperas? Levanta-te, sê batizado e lava os teus pecados, invocando o Nome do Senhor’.

[16]Ngoku ke usalindele ntoni? Vuka, ubhaptizwe, zixolelwe izono zakho ngokubiza igama lakhe.’ ”

Ubizo lukaPawulos lokushumayeza iintlanga

[17] Quando retornei a Jerusalém, estando eu a orar no templo, caí em êxtase e

[17]“Ndaphindela kwaseJerusalem, apho ndathi ndisendlwini kaThixo ndithandaza, ndaba nombono.

[18] vi o Senhor que me ordenava: ‘Apressa-te e sai logo de Jerusalém, porquanto não receberão o teu testemunho acerca da minha pessoa!’

[18]Ndabona iNkosi isithi kum: ‘Khawuleza umke eJerusalem, kuba abantu balapha abayi kubamkela ubungqina bakho ngam.’

[19] Ao que eu indaguei: Mas Senhor, todos eles sabem que eu fui o responsável pela detenção e encarceramento dos que criam em Ti e os açoitava de sinagoga em sinagoga.

[19]Ndathi ke mna: ‘Nkosi, bazi kakuhle ukuba ndandifika ndibababambe abo bazinikele kuwe, ndibabethele apho ezindlwini zesikhungo.

[20] E mais, quando foi derramado o sangue de Estevão, tua testemunha, eu lá estava pessoalmente observando tudo, dando minha aprovação e tomando conta das capas dos que o matavam.

[20]Kanti nangamhla kwakubulawa uStefano, ingqina lakho, nam ndandikho. Ndandihambisana nokugwintwa kwakhe, neempahla zababemgebenga zigcinwe ndim lo.’

[21] Contudo, o Senhor me ordenou: ‘Vai, porque Eu te enviarei para longe, aos gentios!’

[21]Yathi kum iNkosi: ‘Hamba, kuba ndiza kukuthuma kude kweleentlanga.’ ”

Paulo, judeu e cidadão romano

[22] A multidão acompanhava o discurso de Paulo até o momento em que ele disse isso. Então, todos ergueram a voz e começaram a esbravejar: “Tira da face da terra esse tal homem, pois ele não merece viver!”

[22]Babemphulaphule abantu uPawulos, kwada kwaza kutsho kule ndawo; basuka ke batsho ngentswahla besithi: “Msuse! Bulala loo nto!”

[23] Enquanto gritavam, tiravam as capas e jogavam poeira para o ar,

[23]Kwakuthe nzwii yingxolo, bejiwuzisa iimpahla zabo, kuqhuma uthuli.

[24] o comandante mandou que Paulo fosse conduzido para o interior da fortaleza, ordenando imediato interrogatório sob chicotadas, a fim de que pudessem apurar a razão de tamanha insatisfação do povo contra ele.

[24]Ingqwayi-ngqwayi yomkhosi wamajoni amaRoma yathi uPawulos makangeniswe enqabeni yawo, akatswe, kuncinwe unobangela wento amxhibe ngayo amaJuda, ukuze angxole kangaka.

[25] Enquanto o amarravam para dar início aos açoites, Paulo perguntou ao centurião que ali estava: “A lei vos permite flagelar um cidadão romano, sem que este tenha sido condenado?”

[26] Assim que ouviu isso, o centurião correu até o comandante e o preveniu: “O que estás fazendo? Esse homem é cidadão romano!”

[27] Então, o comandante veio até Paulo e o questionou: “Dize-me, tu és cidadão romano? Ao que ele lhe afirmou: “Sou!”

[28] Replicou-lhe o comandante: “Eu precisei pagar uma grande soma em dinheiro para adquirir o direito de ser cidadão”. Retrucou-lhe Paulo: “Pois é, eu, no entanto, o tenho por direito de nascimento”.

[29] Diante disso, no mesmo instante, se afastaram de Paulo aqueles que o iriam interrogar por meio de açoites. O próprio comandante ficou temeroso, ao saber que havia amarrado com correias a um cidadão romano.

Paulo perante o Sinédrio

[30] No dia seguinte, desejando compreender qual era, de fato, a acusação dos judeus libertou Paulo e mandou que se reunissem os chefes dos sacerdotes e todo o Sinédrio. Então, convocando Paulo, apresentou-o diante deles.

Atos 23

[1] Paulo, olhando atentamente para o Sinédrio, declarou: “Caros compatriotas, até o dia de hoje tenho cumprido meu dever perante Deus com toda a boa consciência!”

[25]Kuthe sebembophelele, beza kumkatsa, uPawulos wabhekisa kumphathi-butho owayemi apho, wathi: “Khawutsho, kusemthethweni ukuba ungámbetha ummi ongumRoma engakhanga afunyanwe enetyala?”

[26]Umphathi-butho akuyiva le nto, waya kwingqwayi-ngqwayi, wathi: “Uza kuthini ke? Lo mfo ngummi ongumRoma.”

[27]Ingqwayi-ngqwayi ke yaya kuPawulos, yathi: “Khawutsho: ungummi ongumRoma wena?” Wavuma uPawulos.

[28]Ingqwayi-ngqwayi yaqhuba isithi: “Ndahlawula imali eninzi ukuze ndibe ngummi ongumRoma.” UPawulos wathi ukuphendula: “Kodwa ke mna ndinguye ngokuzalwa.”

[29]Kwangoko loo madoda ayeza kumncina uPawulos arhoxa, ingqwayi-ngqwayi yoyika yakuqonda ukuba uPawulos wayengummi ongumRoma, imkhonkxe ngamatyathanga nje.

UPawulos umi phambi kweBhunga

[30]Ingqwayi-ngqwayi yafuna ukuqiniseka ngetyala awayemmangalela ngalo amaJuda uPawulos. Ithe ke ngengomso makakhululwe amatyathanga uPawulos, kubizwe ababingeleli abaziintloko kunye neBhunga xa lilonke. Yaza ke yeza kummisa phambi kwentlanganiso uPawulos.

Umsebenzi Wabathunywa 23

[1]UPawulos wawajonga ntsho amalungu eBhunga, wathi: “Mawethu, kude kuze kuba yile mininje andinasazela nganto ngobomi bam bonke phambi koThixo.”

[2] Entretanto, o sumo sacerdote Ananias deu ordens aos que estavam mais próximos de Paulo para que lhe esbofeteassem na boca.

[2]Akutsho, umbingeleli omkhulu uHananiya wayalela ukuba uPawulos ampakazwe emlonyeni ngabo babekufuphi naye.

[3] Diante disso, Paulo lhe afirmou: “Deus te ferirá, parede caiada! Pois tu estás aí sentado para julgar-me segundo a lei, e contra a lei mandas que eu seja agredido?”

[3]Waphendula uPawulos wathi: “UThixo uya kukubetha, ludongandini luvetiweyo; uchophele ukundigweba ngokomthetho, kodwa kwawena uyawaphula umthetho, uthi mandibethwe!”

[4] Os que estavam ao redor, exclamaram: “Como ousas insultar o sumo sacerdote de Deus?”

[4]Amadoda awayekufuphi noPawulos athi kuye: “Ngumbingeleli omkhulu kaThixo lo umthukayo!”

[5] Então Paulo replicou: “Eu não sabia, irmãos, que esse homem é o sumo sacerdote; afinal está escrito: ‘Não falarás mal de uma autoridade do teu povo’.

[5]UPawulos wathi: “Hayi, mawethu, bendingamazi ukuba ungumbingeleli omkhulu. Kaloku iziBhalo zithi: ‘Ungàthethi kakubi ngomlawuli wabantu bakho.’ ”

[6] Contudo, sabendo Paulo que uma parte do Sinédrio se compunha de saduceus e outra de fariseus, bradou diante de todos: “Irmãos, eu sou fariseu, filho de fariseus. Eis que estou sendo julgado por causa da minha esperança na ressurreição dos mortos!”

[6]Akuqonda uPawulos ukuba kweli qela kukho abaSadusi kwakunye nabaFarasi, wabhekisa eBhungeni apho, wathi: “Mawethu, mna ndingumFarasi ongunyana womFarasi. Ndisematyaleni nje kungenxa yokuba ndinethemba lokuba abafileyo baya kuvuka.”

[7] Ao proferir essas palavras, estabeleceu-se uma violenta polêmica entre os fariseus e os saduceus e a assembleia ficou dividida.

[7]Akutsho abaFarasi nabaSadusi baxabana bodwa, baza bahlukana kubini.

[8] Porquanto, os saduceus afirmam que não existe ressurreição nem anjos nem espíritos. Os fariseus, porém, acreditam em tudo isso.

[8]Kaloku bona abaSadusi bathi abantu abayi kuvuka ekufeni, bakwathi akukho zithunywa zezulu, akukho namimoya, kodwa abaFarasi bona bayakholelewa kwezi zinto zontathu.

[9] Houve, então, muita discussão e gritaria. Alguns dos mestres da lei que eram fariseus se levantaram e começaram a esbravejar: “Não encontramos neste homem mal algum! Quem pode garantir que não foi mesmo um espírito ou anjo que falou com ele?”

[9]Kwathi ke kwakuba njalo, kwaxokozela, abanye babachazi-mthetho beqela labaFarasi baphakama bekhalaza besithi: “Thina asifumani nto ingalunganga kule ndoda! Mhlawumbi ngenene umoya othile okanye isithunywa sezulu sithethile nayo.”

[10] Diante disso, a discussão se tornou tão acirrada que o comandante teve receio que Paulo fosse estraçalhado pela multidão enfurecida. Então, ordenou que as tropas descessem e o tirassem à força do meio deles e o levassem para a fortaleza.

Jesus aparece outra vez a Paulo

[11] Na noite seguinte, o Senhor surgiu ao lado de Paulo e lhe afirmou: “Sê corajoso! Assim como deste testemunho da minha pessoa em Jerusalém, deverá de igual modo testemunhar em Roma”.

Conspiração dos judeus contra Paulo. Este é mandado para Cesareia

[12] Na manhã seguinte, os judeus planejaram uma cilada e juraram solenemente que não comeriam nem beberiam enquanto não tirassem a vida de Paulo.

[13] Mais de quarenta homens faziam parte desta conspiração.

[14] Estes foram até os chefes dos sacerdotes e aos líderes dos judeus e rogaram: “Fizemos um juramento, sob pena de maldição, de não provarmos alimento algum até matarmos a Paulo.

[15] Agora, portanto, juntamente com o Sinédrio, solicitai ao comandante que o mande descer diante de vós como se fôsseis investigar com mais exatidão sobre o seu caso. Assim, estaremos preparados para matá-lo antes que consiga chegar até aqui”.

[16] Porém, o sobrinho de Paulo, filho de sua irmã, ficou sabendo dessa trama, dirigiu-se à fortaleza e contou tudo a Paulo

[17] que, chamando um dos centuriões, rogou-lhe: “Leva este rapaz ao comandante,

[10]Ingxoxo leyo yakhula kangangokuba ingqwayi-ngqwayi yaba sexhaleni lokuba uPawulos bosuka bamthi qwenge-qwenge. Ngoko ke yayalela ukuba amajoni amthathe uPawulos apho entlanganisweni, aye naye enqabeni yomkhosi.

[11]Ngobo busuku iNkosi yema ngakuPawulos, yathi: “Qina! Njengokuba undingqine apha eJerusalem nje, kufuneka wenze kwaloo nto naseRoma.”

Iqhinga lokubulala uPawulos

[12]Ngentsasa elandelayo amaJuda adibana enza iyelenqe. Azibopha ngesifungo sokuba angatyi angaseli engambulalanga uPawulos.

[13]Ayengaphezu kwamashumi amane kweli yelenqe.

[14]Aza ke aya kubabingeleli abaziintloko nakubadala athi: “Sizibophe ngesifungo, saye sizimisele ukuba singafaki nto phantsi kwempumlo singekambulali uPawulos.

[15]Nina ke neBhunga thumelani kumphathi-mkhosi wamaRoma ukuba azise uPawulos kuni, nenze ngathi nisafuna ukuncina inyaniso ngaye. Thina ke soba sesilungile, simhlasele simbulale engekafiki kuni.”

[16]Kodwa weva ngeli yelenqe unyana wodade boPawulos, waza ke waya kungena enqabeni yamajoni, wamxelela ngalo uPawulos.

[17]UPawulos ubize umphathi-butho, wathi kuye: “Yisa lo mfana kwingqwayi-ngqwayi. Kukho into afuna ukuyixelela yona.”

porque tem algo importante a comunicar-lhe”.

[18] Tomando-o, pois, conduziu-o ao comandante e lhe declarou: “O prisioneiro Paulo me chamou e pediu que trouxesse à tua presença este moço, que tem algo importante a revelar-te”.

[19] Então, o comandante tomou o jovem pela mão e, levando-o à parte, indagou-lhe: “O que tens para dizer-me?”

[20] Ao que ele revelou: “Os judeus combinaram solicitar-te que amanhã ordenes a Paulo descer ao Sinédrio, fingindo ter de investigar com maior precisão o caso dele.

[21] Não te deixes persuadir por eles, porquanto há mais de quarenta deles à espreita contra Paulo; eles juraram sob pena de maldição não comer nem beber até que tirem a vida dele. Agora, pois, estão prontos apenas aguardando a tua palavra de consentimento”.

[22] Então, o comandante mandou o rapaz sair, ordenando-lhe que a ninguém contasse que lhe havia revelado aquilo.

[23] Em seguida, chamando dois centuriões, determinou-lhes: “Preparai um destacamento de duzentos soldados, setenta cavaleiros e duzentos lanceiros a fim de rumarem para Cesareia, ainda esta noite às nove horas.

[18]Umphathi-butho wamthatha wamsa kwingqwayi-ngqwayi, wafika wathi: “Ndibizwe ngumbanjwa uPawulos, wathi mandize nalo mfana kuwe, kuba kukho into aza kukuxelela yona.”

[19]Ingqwayi-ngqwayi imbambe ngesandla umfana lowo, yamtsalela bucala, yambuza isithi: “Uze kundixelela ntoni?”

[20]Uthe umfana: “Iziphathamandla zamaJuda zivumelene ukuba zikucele ngomso, ukhe uthumele uPawulos eBhungeni, zisenza ngathi kukho indawo ebalulekileyo elifuna ukuyiqonda kuye iBhunga.

[21]Kodwa uze ungavumi ukuyiva loo nto, ngoba kukho amadoda angaphezu kwamashumi amane alalele uPawulos endleleni. Afungile ukuba akayi kutya, engayi kusela, ade ambulale. Nangoku selelungile, elindele ukuba uvume.”

[22]Ithe ingqwayi-ngqwayi: “Uzungayithethi mntwini into yokuba undixelele ngeli yelenqe.” Yaza yamndulula umfana lowo.

UPawulos uthunyelwa kuFelekis irhuluneli

[23]Ingqwayi-ngqwayi ithe yabiza abaphathi-mabutho bayo ababini, yathi kubo: “Lungiselelani ukuya eKhesariya ngokuhlwanje ngentsimbi yethoba. Ze nihambe namakhulu amabini amajoni kunye namashumi asixhenxe amajoni akhwele amahashe, kwakunye namakhulu amabini amajoni aphatha iintshuntshe.

[24] Providenciai também montarias para Paulo, e levai-o em segurança ao governador Félix".
[25] E o comandante escreveu-lhe uma carta nestes termos: A carta de Cláudio a Félix
[26] "Cláudio Lísias, ao excelentíssimo governador Félix, saudações.
[27] Este homem foi preso pelos judeus e estava a ponto de ser morto por eles quando intervi a seu favor com a tropa e o livrei, assim que soube que era um cidadão romano.
[28] Entretanto, desejando apurar o exato motivo da acusação, levei-o ao Sinédrio dos judeus.
[29] Entendi que ele era acusado de questões concernentes às leis deles, mas que nada havia nele que justificasse a pena de morte ou mesmo de prisão.
[30] Quando fui informado de que havia uma conspiração para tirar a vida deste homem, logo o enviei a ti, intimando também seus acusadores que apresentassem o caso contra ele diante de ti".
[31] E, tomando Paulo, conforme lhes fora ordenado, os soldados o levaram durante a noite a Antipátride.
[32] Todavia, assim que amanheceu, deixaram a cavalaria prosseguir com ele e voltaram para a fortaleza.
[33] Quando a cavalaria chegou a Cesareia, entregou a carta ao governador e apresentou-lhe Paulo.
[34] O governador leu a carta e questionou de que província era ele. Ao saber que Paulo era da Cilícia,

[24]Nithathe namahashe okukhwela, uPawulos nimse kuFelekis irhuluneli engenzakalanga."
[25]Ingqwayi-ngqwayi yabhala ileta, yenjenje:
[26]"UKlawudiyo Lisiya ubulisa ohloniphekileyo uFelekis irhuluneli.
[27]Le ndoda âyibamba amaJuda eza kuyibulala. Ndivile ukuba ingummi ongumRoma, ndaya kuyihlangula ngamajoni.
[28]Ndithe ke ngokufuna ukuqonda isityholo abayibeka sona, ndayisa eBhungeni lawo.
[29]Apho ke kuye kwacaca ukuba ayenzanga tyala lokuba ingagwetyelwa ukufa, nokuba mayivalelwe entolongweni. Isityholo ebekwa sona siphathelele kwimpikiswano ngomthetho wabo.
[30]Ndithe ke ndakuva ukuba kukho amaJuda azungula ukuyibulala, ndagqiba ukuba ndiyithumele kuwe. Abamangali nabo ndibaxelele ukuba beze kuyimangalela kuwe."
[31]Amajoni enza njengoko ayeyalelwe. Amthatha uPawulos kwangobo busuku, aya kufika naye eAntipatri.
[32]Ngengomso ahamba ngeenyawo abuyela eJerusalem, aza awamahashe ahamba naye.
[33]Aya kufika naye eKhesariya, ayinika irhuluneli ileta leyo, amnikezela kuyo noPawulos.
[34]Iyifundile ileta irhuluneli, yambuza uPawulos ukuba wayengowaliphi na iphondo. Yakuva ukuba wayengowaseKiliki

[35] ordenou: “Vou ouvir-te quando teus acusadores chegarem também”. E mandou que fosse mantido sob custódia no palácio de Herodes.

[35]yathi: “Ityala lakho liya kuthethwa kwakufika abamangali.” Yathi uPawulos makagcinwe ebhotwe likaHerode.

Atos 24

Paulo perante o tribunal do governador Félix

[1] Passados cinco dias, desceu a Cesareia, o sumo sacerdote, Ananias, juntamente com alguns líderes dos judeus e um advogado chamado Tértulo, os quais apresentaram diante do governador seus protestos contra Paulo.

[2] Quando foi requerida a presença de Paulo, começou Tértulo a acusá-lo: “Excelentíssimo Félix! Havendo nós, por teu intermédio, desfrutado de um longo período de paz, bem como, por tua providência, reformas são continuamente implementadas nesta nação.

[3] Em tudo e em toda parte nós reconhecemos teus benefícios com profunda gratidão, ó excelentíssimo Félix.

[4] Portanto, a fim de não tomar-te mais tempo, rogamos-te o favor de ouvir-nos por breve momento.

[5] Concluímos que este homem é um perturbador, porquanto promove tumultos entre os judeus pelo mundo todo, sendo o principal líder da seita dos nazarenos.

[6] Ele tentou até mesmo profanar o templo, mas nós o prendemos, e era nosso desejo julgá-lo conforme os ditames da nossa lei.

[7] Entretanto, o comandante Lísias interveio, e, usando de violência, o arrebatou de nossas mãos e ordenou que os queixosos viessem apresentar seus protestos diante de ti.

Umsebenzi Wabathunywa 24

UPawulos umangalelwa ngamaJuda

[1]Emva kweentsuku ezintlanu umbingeleli omkhulu uHananiya waya eKhesariya, ekunye nabadala abathile noTertulo igqwetha. Bavela phambi kwerhuluneli bemmangalela uPawulos.

[2]Weziswa uPawulos, waza uTertulo wammangalela wenjenje: “Felekis, mhlekazi ohloniphekileyo, ukulawula kwakho ngobulumko kuze nethuba elide loxolo. Nezinye izinto eziyimfuneko zenkqubela siyazibona zisenzeka kweli lizwe lethu.

[3]Ngamaxesha onke siyazamkela ezi zinto, futhi sinongazenzisiyo umbulelo kuwe.

[4]Andifuni ukulidla ixesha lakho, ngoko ke ndicela ukuba usiphulaphule ngobulali esi simangalo.

[5]Lo mfo simfumene engumdodobalisi oyingozi. Uhamba ephemba udushe phakathi kwamaJuda kulo lonke elimiweyo; futhi uyinkokheli yegqiza lamaNazarete.

[6]Samfumana ezama ukunyelisa indlu kaThixo, saza sambamba. [Sasifuna ukumgweba ngokomthetho wethu,

[7]kodwa kwafika umphathi-mkhosi uLisiya wamhlutha kakubi.

[8] Assim, se tu mesmo o interrogares, poderás verificar a verdade a respeito de todas estas acusações que estamos fazendo contra ele!”

[9] Em seguida, os líderes judeus confirmaram a acusação, testemunhando que tais afirmações eram, de fato, verídicas.

Paulo expõe sua defesa

[10] Então, Paulo, tendo atendido ao sinal do governador para que falasse, exclamou: “Sei que há muitos anos tens sido juiz sobre esta nação e por essa razão, sinto-me motivado a falar em minha própria defesa.

[11] Bem podes verificar com facilidade que não faz mais de doze dias desde que subi de Jerusalém para adorar a Deus.

[12] Aqueles que me protestam não me acharam conversando com ninguém no templo, nem tumultuando o povo nas sinagogas ou em qualquer outro lugar da cidade!

[13] Nem ao menos tem como te provar as acusações que nesse momento estão levantando contra mim diante de ti.

[14] Contudo, confesso-te que sirvo sim ao Deus de nossos pais como discípulo do Caminho, a que denominam seita. Creio em tudo o que está de acordo com a Lei e no que está escrito nos Profetas,

[15] depositando em Deus a mesma esperança desses homens; de que haverá ressurreição, tanto de justos como de injustos.

[16] Por esse motivo, busco sempre manter minha consciência limpa na presença de Deus e dos homens.

[8]ULisiya wayalela ukuba aze kumangalelwa kuwe.] Nawe ngokwakho ekumvavanyeni kwakho uya kuziqonda uziva ngaye ezi zinto simmangalela ngazo.”

[9]NamaJuda asingqina esi simangalo ukuba siyinyaniso.

UPawulos uziphendulela phambi koFelekis

[10]Irhuluneli yanqwala kuPawulos ukuba athethe, waza wathi: “Ndiyazi ukuba uneminyaka emininzi ugweba kwesi sizwe; yiyo loo nto ndivuyayo kuba ndiziphendulela phambi kwakho.

[11]Nawe unokuyiqonda into yokuba azingaphezu kweshumi elinambini iintsuku ndayayo eJerusalem ndiye kunqula.

[12]AmaJuda akandifumananga ndixoxa namntu endlwini kaThixo, engandifumananga ndiphembelela dushe bantwini ezindlwini zesikhungo, okanye naphi na apho edolophini.

[13]Futhi akanabo ubungqina obuphathekayo malunga nezi zinto andityhola ngazo ngoku.

[14]Le yona into ndiyayivuma: Ndikhonza uThixo wookhokho bethu ngokulandela iNdlela le athi wona ayikho mgaqweni. Ndikholwa zizo zonke izinto ezibhaliweyo encwadini yomthetho kaMosis nasezincwadini zabashumayeli.

[15]Ndibambelele ethembeni elinye nabo abamangali, eli lokuba bonke abantu, abalungileyo nabangalunganga, baya kuvuka ekufeni.

[16]Ndibe ke ndizama kangangoko ndinako ukuba ndihlale ndingenasazela nganto phambi koThixo naphambi kwabantu.

[17] Depois de vários anos ausente de Jerusalém, voltei trazendo ajuda financeira doada ao meu povo, bem como para apresentar ofertas a Deus.

[18] Enquanto assim procedia, já cerimonialmente purificado, encontraram-me no templo, no entanto, sem envolver-me em qualquer incitamento público ou tumulto.

[19] Contudo, há alguns outros líderes judeus da província da Ásia que deveriam estar aqui diante da tua presença para apresentar seus protestos, se tivessem alguma acusação contra mim.

[20] Ou, ao menos, aqueles que aqui se encontram, professem que crime encontraram em mim, quando compareci perante o Sinédrio,

[21] a não ser com referência a essa única palavra que bradei, estando no meio deles: É por causa da ressurreição dos mortos que hoje estou sendo condenado por vós!”

Félix e sua esposa ouvem Paulo

[22] E aconteceu que Félix, tendo bom conhecimento do Caminho, adiou o julgamento da causa, determinando: “Quando o comandante Lísias chegar aqui, decidirei a vossa questão!”

[23] Em seguida, ordenou ao centurião que mantivesse Paulo sob custódia, mas que lhe desse certa liberdade e permitisse aos seus companheiros que o servissem.

[24] Passados vários dias, Félix veio com Drusila, sua esposa que era judia, e ordenou que lhe trouxessem Paulo e o ouviu falar sobre a fé em Cristo Jesus.

[17]“Ndakha ndangabikho iminyaka emininzi eJerusalem, ndaza emva koko ndaya khona ndisisela abantu bakowethu imali, futhi ndisiya kwenza amadini.

[18]Ndandisendlwini kaThixo apho ke, ukundifikela kwawo amaJuda ekubeni sendigqibe ukwenza intlambululo. Ndandingekho esiphithi-phithini, futhi kungekho naqhushululu olo.

[19]Ayekhona amaJuda athile ephondo laseAsiya; ebefanele ukuba alapha phambi kwakho andimangalele ngokwawo, xa enendawo ngakum.

[20]Okanye khawutsho kula madoda axele ukuba andifumana ndinatyala lini na ngokuya ndandimi phambi kweBhunga.

[21]Into inye endakhala ngayo naphambi kwawo, ndathi: ‘Ndigwetywa nje namhlanje, kungenxa yokukholelwa ukuba abafileyo baya kuvuka.’ ”

[22]Waza ke uFelekis owayeyazi kakuhle iNdlela le, walimisa ityala, wathi: “Ndiya kuligweba ityala lakho akufika umphathi-mkhosi uLisiya.”

[23]Wayalela umphathi-butho owayegada uPawulos ukuba amgcine, kodwa angabi ngqongqo, azivumele izihlobo zakhe zimlungiselele.

UPawulos phambi koFelekis noDrusila

[24]Kwakudlula iintsuku uFelekis wafika noDrusila umkakhe, umJudakazi. Wambiza uPawulos, waza wamphulaphula ethetha ngokholo kuKrestu Yesu.

25 Quando Paulo começou a pregar sobre a justiça, o domínio próprio e o juízo vindouro, Félix ficou apavorado e exclamou: “Basta, por agora! Podes retirar-te, em outra ocasião, mais conveniente, te mandarei chamar outra vez”.

26 Ao mesmo tempo, esperava que Paulo lhe oferecesse algum suborno e, por isso, o convocava para frequentes conversas.

27 E, assim, passaram-se dois anos, quando Félix foi sucedido por Pórcio Festo; todavia, como desejava manter a simpatia dos judeus, Felix deixou Paulo encarcerado.

Atos 25

Paulo comparece perante Festo e apela para César

1 Festo chegou à província e, depois de três dias, subiu de Cesareia a Jerusalém.

2 Os chefes dos sacerdotes e os mais eminentes líderes judeus compareceram diante dele e apresentaram-lhe as acusações contra Paulo.

3 Então, rogaram a Festo o favor de transferir Paulo para Jerusalém, em detrimento do direito de Paulo, pois estavam tramando matá-lo na estrada.

4 Todavia, Festo respondeu: “Paulo está detido em Cesareia, e eu mesmo brevemente partirei para lá.

5 Enviem comigo alguns dos seus líderes e apresentem ali os vossos protestos contra esse homem, se de fato ele cometeu algum crime”.

25Kodwa wahambisa uPawulos echaza ngokuziphatha kakuhle, ukuzeyisa, nangomhla womgwebo, uFelekis watsho woyika wathi: “Ungakhe umke ngoku; ndiya kuphinda ndikubize xa ndinethuba.”

26Wayenethemba lokuba mhlawumbi angahle anyotywe nguPawulos; kungesi sizathu ke wayesoloko emana ukumbiza ancokole naye.

27Emva kweminyaka emibini uPorkiyo Festo waba yirhuluneli endaweni kaFelekis. Ngenxa yokuba uFelekis wayefuna ukuzenza mhle kumaJuda, wamshiya entolongweni apho uPawulos.

Umsebenzi Wabathunywa 25

UPawulos ubhenela kuKhesare

1Akuba ntsuku-ntathu efikile kwelo phondo uFesto, wesuka eKhesariya, wahambela eJerusalem.

2Ababingeleli abaziintloko nabakhokeli bamaJuda, bezisa izityholo kuye ngoPawulos. Bamcenga uFesto

3ukuba ancede amse eJerusalem uPawulos, kuba babefuna ukumlalela endleleni, bamgwinte.

4Wathi uFesto kubo: “UPawulos uselugcinweni entolongweni eKhesariya. Ndibe nam ngokwam ndiza kuya khona kwakamsinyane.

5Iinkokheli zenu ze zihambe nam ukuya eKhesariya, ziye kummangalela khona, ukuba ngaba kukho ityala alenzileyo.”

[6] Havendo passado entre eles cerca de oito a dez dias, desceu para Cesareia e, no dia seguinte, convocou o tribunal e mandou que Paulo fosse trazido diante dele.

[7] Assim que Paulo apareceu, os líderes judeus que haviam chegado de Jerusalém se aglomeraram ao seu redor, lançando sobre ele um grande número de ofensas e graves acusações, sobre as quais não tinham provas.

[8] Então, Paulo tomou a palavra em sua defesa: “Em verdade não tenho cometido pecado algum contra a Lei dos judeus, nem contra o templo ou tampouco contra César.

[9] Porém, Festo, desejando ser agradável aos judeus, inquiriu a Paulo: “Desejas tu subir a Jerusalém para ali ser julgado por mim a respeito dessas acusações?”

[10] Replicou-lhe Paulo: “Eis que estou diante do tribunal de César, onde convém seja eu julgado; nenhum crime pratiquei contra os judeus, como tu muito bem sabes.

[11] Contudo, se fiz qualquer mal ou pratiquei algum crime que mereça a pena de morte, estou pronto para morrer. Mas, se não são verdadeiras as acusações que me afrontam esses homens, ninguém tem o direito de me entregar a eles. Portanto, apelo para César!”

[12] Assim, depois de haver consultado seus conselheiros, Festo determinou: “Apelaste para César, para César irás!”

Festo aconselha-se com Agripa

[6]Akuba echithe malunga nesibhozo ukuya eshumini leentsuku phakathi kwabo uFesto, wabuyela eKhesariya. Ngengomso xa wayechophele amatyala, uthe makabizwe uPawulos.

[7]Akufika ke uPawulos, amaJuda awayevela eJerusalem athi emngqongile ambeka izityholo ezinzima, kodwa zazingenabunyaniso xa zizonke.

[8]UPawulos yena waziphendulela wathi: “Akukho nanye into endiyenzileyo echasene nomthetho wamaJuda, okanye indlu kaThixo, okanye uKhesare.”

[9]Ezama ukuzenza mhle kumaJuda, uFesto wathi kuPawulos: “Ungathanda ukuya eJerusalem ukuze ndilichophele khona ityala lakho ngezi zityholo?”

[10]Waphendula uPawulos wathi: “Apha ndimi enkundleni kaKhesare, kanye apho limelwe kukuthethwa khona ityala lam. Akukho nto ndiwone ngayo amaJuda, njengoko nawe ngokwakho uqonda.

[11]Ke ukuba umthetho ndiwaphule ndona kangangokuba ndimelwe kukugwetyelwa ukufa, andinqweneli kuyibaleka nayo loo ndawo. Kodwa ke ukuba azinabunyaniso izityholo endibekwa zona, akukho bani unokundinikezela kumaJuda. Ndibhenela kuKhesare.”

[12]UFesto ukhe wadlana indlebe namaphakathi akhe, wandul' ukuthi kuPawulos: “Ubhenela kuKhesare; kulungile ke, uza kuya kuKhesare.”

UPawulos phambi koAgripa noBhernike

[13] Passados alguns dias, chegaram a Cesareia, o rei Agripa e Berenice em visita de boas-vindas a Festo.

[18] Porquanto essas pessoas não estão servindo a Cristo, nosso Senhor, mas sim a seus próprios desejos. Mediante palavras suaves e bajulação, enganam o coração dos incautos.

[9]Imibuliso ku-Urbhano, osebenzela uKrestu kunye nam, nakuStaki, umhlobo wam othandekayo.

[10]Ndibuliseleni nakuApele ovavanyiweyo waza wafumaneka ethembekile kuKrestu. Imibuliso kwabakwa-Aristobhulo.

[11]Ndibuliseleni kuHerodiyo umwethu. Imibuliso kwabakwaNarkiso abakholwayo eNkosini.

[12]Imibuliso kuTrifena noTrifosa abayisebenzele kangaka iNkosi. Ndibuliseleni kuPersi othandekayo, obulaleke gqitha emsebenzini weNkosi.

[13]Imibuliso kuRufo umnyulwa weNkosi, nakunina, onjengomama kum.

[14]Imibuliso kuAsinkrito, uFilego, uHerma, uPatrobha, uHerme, namawethu akunye nabo.

[15]Imibuliso kuFilologo noJuliya, uNere nodade wabo, no-Olimpa, nabo bonke abantu bakaThixo abakunye nabo.

[16]Bulisanani ngokwamakholwa. Ayanibulisa onke amabandla kaKrestu.

Imiyalelo yokuqukumbela

[17]Ke kaloku, mawethu, ndiyaniyala: balumkeleni abaxabanisayo nabakhubekisayo, besenza okuchaseneyo nemfundiso enayifundiswayo nina. Zikhwebuleni kubo.

[18]Abantu abanjalo àbakhonzi yona iNkosi yethu uYesu Krestu. Hayi, basebenzela izisu zabo. Ngamazwi abo amnandi bayakhohlisa, balukuhle iintliziyo zabantu abanyulu.

[19] Contudo, todos têm conhecimento da vossa obediência, por isso alegro-me sobremaneira; entretanto, quero que sejais sábios em relação a tudo que é bom, mas puros quanto ao que tem aparência maligna.

[20] E, sem demora, o Deus da paz, esmagará Satanás debaixo dos vossos pés. A graça do nosso Senhor Jesus seja convosco!

[21] Timóteo, meu colaborador, envia-vos saudações, bem como Lúcio, Jasom e Sosípatro, meus parentes.

[22] Eu, Tércio, que redigi esta carta, também vos saúdo no Senhor.

[23] Gaio, cuja hospitalidade eu e toda a igreja desfrutamos, vos envia saudações. Erasto, administrador da cidade, e nosso querido irmão Quarto também vos cumprimenta.

[24] Que a graça de nosso Senhor Jesus Cristo seja com todos vós. Amém!

[25] Ora, àquele que tem o poder para vos confirmar, pelo meu Evangelho, segundo a proclamação de Jesus Cristo, em conformidade com a revelação do mistério oculto nos tempos passados,

[26] porém, agora revelado e trazido ao conhecimento pelas Escrituras proféticas por ordem do Deus eterno, para que todas as nações crendo, venham a obedecer a Ele pela fé;

[27] sim, ao único e sábio Deus seja dada Glória, por intermédio de Jesus Cristo, para todo o sempre. Amém!

[19]Bonke bavile ngokumlulamela kwenu uKrestu; into ke leyo endivuyisayo ngani. Ndinga ke ningaba zizilumko okunene kokulungileyo; kodwa ningabi zizo kokubi.

[20]Ke uThixo, imbangi yoxolo, uya kumnyhasha kamsinya uSathana phantsi kweenyawo zenu. Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani.

[21]Uyanibulisa uTimoti osebenza nam, noLukiyo, noJason, noSosipatro, amawethu.

[22]Nam Tertiyo osandla siyibhalileyo le ncwadi, ndiyanibulisa ndingoweNkosi nje.

[23]Uyanibulisa uGayoendilundwendwe lwakhe, yena lihlanganela endlwini yakhe lonke ibandla. Uyanibulisa uErasto unondyebo wedolophu, noKwarto umwethu.

[[24]Ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu malube nani nonke. Amen.]

Ilizwi lokudumisa uThixo

[25]Masimdumise uThixo, yena onako ukunizinzisa elukholweni ngokweendaba ezimnandi endizivakalisayo, ndishumayela uYesu Krestu. Ezi ndaba zityhila imfihlakalo eyayikade ifihliwe mandulo.

[26]Ngoku ke ibonakalisiwe. Yile mfihlakalo ke yayixelwa zizibhalo zabashumayeli. Babesenjenjalo ngokuyalelwa nguThixo ohlala ehleli. Lo myalelo uThixo uwenze ukuze kubekho abakholiweyo nabamthobelayo kuzo zonke iintlanga.

[27]Ke uThixo uSobulumko makadunyiswe kude kube ngunaphakade ngenxa kaYesu Krestu. Amen.

1 Coríntios	1 KwabaseKorinte

1 Coríntios 1

Prefácio, saudação e ação de graças

1 Paulo, convocado para ser apóstolo de Jesus Cristo pela vontade de Deus, e o irmão Sóstenes,

2 à Igreja de Deus que está em Corinto, aos santificados em Cristo Jesus e convocados para serem santos, juntamente com todos os que, em toda parte, invocam o Nome de nosso Senhor Jesus Cristo, Senhor deles e nosso:

3 Graça e paz a vós outros, da parte de Deus nosso Pai, e do Senhor Jesus Cristo!

4 Sempre dou graças a Deus por vós, pela graça de Deus que vos foi concedida por Ele em Cristo Jesus.

5 Pois em tudo fostes enriquecidos nele, em toda a palavra e em todo conhecimento,

6 porquanto o testemunho de Cristo foi confirmado em vós,

7 de maneira que não lhes falta nenhum dom espiritual, enquanto aguardais a revelação de nosso Senhor Jesus Cristo.

8 Ele os conservará firmes até o fim, de modo que sereis irrepreensíveis no Dia de nosso Senhor Jesus Cristo.

1 KwabaseKorinte 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos ndibizwe ndangumthunywa kaYesu Krestu ngokuthanda kukaThixo. Ndibhala ndikunye noSosteno uwethu.

2Ndibhalela ibandla likaThixo eliseKorinte, abakhethwe ngokumanywa noKrestu Yesu, bebizelwe ukuba yimilowo yakwaThixo ndawonye nabo bonke abalinqulayo ezindaweni zonke igama leNkosi yethu uYesu Krestu, oyiNkosi yabo kwaneyethu.

3Kuni ke ndithi: Makube sisisa, kube luxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, neNkosi uYesu Krestu.

Umbulelo

4Ndihlala ndimbulela ngani uThixo wam ngenxa yesisa anibabale ngaso ngokunimanya noYesu Krestu.

5Kaloku, nimanyene noKrestu nje, ninendyebo ngezinto zonke, ekuthetheni nasekwazini ngokupheleleyo.

6Kaloku iindaba ezingoKrestu zithe zamila kuni,

7kangangokuba aniphoswanga nasinye isipho esivela kuThixo ngeli xesha nikulindeleyo ukubonakala kweNkosi yethu uYesu Krestu.

8INkosi uYesu Krestu iya kunomeleza kude kube sekupheleni, ningabi nabala ngeMini yayo.

[9] Deus é fiel, por meio do qual fostes chamados à comunhão de seu Filho Jesus Cristo, nosso Senhor.

As dissensões na igreja de Corinto

[10] Suplico-vos, queridos irmãos, pelo nome de nosso Senhor Jesus Cristo, que concordeis uns com os outros no que falam, a fim de que não haja entre vós divisões; antes, sejais totalmente unidos, sob uma mesma disposição mental e no mesmo parecer.

[11] Caros irmãos, fui informado a vosso respeito, pelos da família de Cloé, que existem discórdias entre vós.

[12] Refiro-me ao fato de um de vós afirmar: "Eu sou de Paulo"; enquanto o outro declara: "Eu sou de Apolo"; e outro: "Eu sou de Pedro"; e outro ainda: "Eu sou de Cristo!"

[13] Ora, acaso Cristo está dividido? Foi Paulo crucificado em vosso favor? Fostes batizados em nome de Paulo?

[14] Dou graças a Deus por não ter batizado a nenhum de vós, com exceção de Crispo e de Gaio,

[15] a fim de que ninguém venha a alegar que foi batizado em meu nome.

[16] É certo que batizei também os da casa de Estéfanas; além destes, não me recordo se batizei algum outro irmão.

[17] Porquanto Cristo não me enviou para batizar, mas para proclamar o Evangelho; não por meio de palavras de sabedoria humana, para que a cruz de Cristo não seja esvaziada.

[9]Uthembekile uThixo, yena wanibizayo ukuba nibe nobudlelane noNyana wakhe uYesu Krestu iNkosi yethu.

Ukungavisisani ebandleni

[10]Egameni leNkosi yethu uYesu Krestu ndiyanibongoza, mawethu, ukuba nivane, nithethe nto-nye, kungabikho zimbambano phakathi kwenu. Manyanani nibe luqilima, nimxhelo mnye, ninazimvo zinye.

[11]Kuba kaloku, mawethu, ndixelelwe ngani ngabakuloKlowe ukuba kukho ukungavisisani phakathi kwenu.

[12]Ndithetha le nto yokuba kuthiwa omnye kuni uthi: "Mna ndingokaPawulos;" omnye athi: "Mna ndingoka-Apolo;"omnye athi: "Mna ndingokaPetros;" omnye ke athi: "Mna ndingokaKrestu."

[13]Ngaba wahluka-hlukene na uKrestu? Ngaba nguPawulos na owabethelelwa ngenxa yenu? Ngaba nabhaptizwa egameni likaPawulos na?

[14]Ndiyambulela uThixo kuba ndingabhaptizanga namnye kuni ngaphandle kukaKrispo noGayo,

[15]ukuze kungabikho mntu uthi ndabhaptiza egameni lam.

[16]Gxebe, ndabhaptiza noStefano nendlu yakhe. Ngaphandle kwabo ke, andikhumbuli ukuba ndabhaptiza wumbi.

[17]Kakade uKrestu akandithumanga kubhaptiza; wandithuma ukushumayela iindaba ezimnandi, kungabi ngabuciko bakuthetha, ukuze umnqamlezo kaKrestu ungalanjathiswa.

UKrestu ungamandla nobulumko bukaThixo

[18] Pois a mensagem da cruz é loucura para os que estão sendo destruídos, porém para nós, que estamos sendo salvos, é o poder de Deus.

[19] Porquanto está escrito: “Destruirei a sabedoria dos sábios e rejeitarei a inteligência dos homens cultos”.

[20] Onde está o sábio? Onde está o homem culto? Onde está o questionador desta era? Acaso não tornou Deus completamente insensata a sabedoria deste mundo?

[21] Considerando que, na sabedoria de Deus, o mundo não o conheceu por meio da sabedoria humana, foi do agrado de Deus salvar os que crêem por intermédio da loucura da proclamação da sua mensagem.

[22] Porque tanto os judeus pedem sinais, como os gregos procuram sabedoria;

[23] nós, entretanto, proclamamos a Cristo crucificado, que é motivo de escândalo para os judeus e loucura para os gentios.

[24] Todavia, para os que foram convocados, tanto judeus como gregos, Cristo é o poder de Deus e sabedoria de Deus.

[25] Porquanto a insensatez de Deus é mais sábia que a sabedoria dos seres humanos, e a fraqueza de Deus é mais forte que todo o poder dos homens.

[26] Irmãos, contemplai a vossa vocação! Pois não foram convocados muitos sábios, de acordo com critérios humanos, nem muitos poderosos, nem tampouco nobres.

[27] Pelo contrário, Deus escolheu justamente o que para o mundo é insensatez para envergonhar os sábios, e escolheu

[18]Kaloku udaba lokufa kukaKrestu emnqamlezweni okunene lububudenge kwabatshabalalayo, kodwa kuthi, thina basindiswayo, lungamandla kaThixo.

[19]Kaloku iziBhalo zitsho ukuthi: “Ndiya kububhangisa ubulumko bezilumko; ukuhlakanipha kweengqondi ndikuphuthise.”

[20]Xa kunjalo ke ziphi na izilumko, ziphi na iingqondi, ephi na wona amaciko eli hlabathi? Kaloku uThixo ubonakalisile ukuba ubulumko beli hlabathi bubudenge.

[21]UThixo ngobulumko bakhe ubone okokuba ihlabathi malingabi nako ukumazi ngobalo ubulumko. Hayi, kwakholeka kuThixo ukuba abo bakholwayo abasindise “ngobudenge” belizwi esilishumayelayo.

[22]AmaJuda afuna umqondiso; amaGrike wona afuna ubulumko;

[23]ke thina sivakalisa uKrestu ebethelelwe emnqamlezweni; into ke leyo esisikhubekiso kumaJuda nebubudenge kumaGrike.

[24]Ke kwabo babiziweyo, amaJuda kwanamaGrike, sivakalisa uKrestu ongamandla nobulumko bukaThixo.

[25]Kaloku into kaThixo ebubudenge, inobulumko kuneyabantu; nento kaThixo engathi ayinamandla, yomelele kuneyabantu.

[26]Mawethu, yikhumbuleni into enaniyiyo ukubizwa kwenu nguThixo. Babembalwa kuni abazizilumko ngokomgangatho wabantu, bembalwa abanamandla, bembalwa abangabantwana begazi.

[27]Kodwa uThixo usuke wanyula izinto ezibonakala ngathi zibubudenge ebantwini, ukuze ngokwenjenjalo adanise izilumko.

precisamente o que o mundo julga fraco para ridicularizar o que é forte.

Ngokunjalo ke uThixo unyule nezinto ezibonakala ngathi azinamandla ngokwabantu, ukuze ngokwenjenjalo adanise abanamandla.

[28] Ele escolheu o que do ponto de vista do mundo é insignificante, desprezado, e o que nada é, para reduzir a nada o que é,

[28]Ewe, uThixo unyule izinto ezibonakala zidelekile ebantwini, ngathi azinto yanto, azikho nokubakho, ezinyulela ukuze aphuthise ngazo izinto ezibonakala ngathi zibalulekile ebantwini.

[29] com o objetivo de que nenhuma pessoa se vanglorie perante Ele.

[29]Xa kunjalo ke akukho namnye unokuqhayisa.

[30] Portanto, vós sois dele, em Cristo Jesus, o qual se tornou para nós sabedoria da parte de Deus, justiça, santificação e redenção,

[30]Kaloku uThixo unimanye noKrestu Yesu osityhilela bonke ubulumko bukaThixo. Ngaye uThixo usenza amalungisa, asenze imilowo yakwakhe, asinike inkululeko.

[31] a fim de que, como está escrito: “Aquele que se gloria, glorie-se no Senhor”.

[31]Ngoko ke, njengoko iziBhalo zitshoyo: “Oqhayisayo makaqhayise ngeNkosi.”

1 Coríntios 2

O caráter da pregação de Paulo em Corinto

[1] Eu mesmo, irmãos, quando me dirigi até vós, não o fui apenas com um discurso eloquente, nem ostentando sabedoria para vos anunciar o testemunho de Deus.

[2] Porquanto decidi nada saber entre vós, a não ser Jesus Cristo, e este, crucificado.

[3] E foi sob fraqueza, temor e grande tremor que estive entre vós.

[4] Minha mensagem e minha proclamação não se formaram de palavras persuasivas de conhecimento, mas constituíram-se em demonstração do poder do Espírito,

[5] para que a vossa fé não se fundamente em sabedoria humana, mas no poder de Deus.

1 KwabaseKorinte 2

UPawulos ushumayela uKrestu obethelelwe emnqamlezweni

[1]Mawethu, ngokuya bendinihambele ukuze ndinazise iindaba zikaThixo ebezingaziwa mntu, andizanga ngabuciko bakuthetha nalwazi.

[2]Kaloku ndagqiba kwelokuba ndingazi nto phakathi kwenu, ingenguye uYesu Krestu, naye ke ebethelelwe emnqamlezweni.

[3]Ndathi ke, ndakufika kuni, ndaba ngobuthathaka, ndinoloyiko, ndigubha kakhulu.

[4]Ukuthetha kwam nokuvakalisa kwam uKrestu akubanga ngabuciko. Hayi, kube kukubonakalisa amandla oMoya kaThixo.

[5]Ngoko ke ukholo lwenu malungaxhomekeki bucikweni bamntu, kodwa malusekelwe ngamandla kaThixo.

6 Contudo, falamos de sabedoria entre aqueles que já têm maturidade; não me refiro, entretanto, à sabedoria desta era ou dos poderosos deste século, que estão sendo reduzidos a nada.
7 Ao contrário, falamos da sabedoria de Deus, do mistério que estava oculto, o qual Deus preordenou antes da origem das eras, para a nossa glória.
8 Nenhum dos governantes desta era compreendeu essa sabedoria, pois se a tivessem entendido, não teriam crucificado o Senhor da glória!

9 No entanto, como está escrito: "Olho algum jamais viu, ouvido algum nunca ouviu e mente nenhuma imaginou o que Deus predispôs para aqueles que o amam".

10 Deus, todavia, o revelou a nós por intermédio do Espírito! Porquanto o Espírito a tudo investiga, até mesmo as profundezas de Deus.
11 Pois, quem conhece os pensamentos do ser humano, a não ser o espírito do homem que nele reside? Assim, igualmente ninguém conhece os pensamentos de Deus, a não ser o Espírito de Deus.
12 Nós, entretanto, não recebemos o espírito do mundo, mas, sim, o Espírito que vem de Deus, a fim de que possamos compreender o que por Deus nos foi outorgado gratuitamente.

13 Sobre isso também pregamos, não com palavras ensinadas pelo saber humano, mas, sim, com palavras ministradas pelo Espírito,

Ubulumko bukaThixo

6Kambe ke into endiyithethayo ibubulumko kwabo bavuthiweyo. Kodwa ke obo abububo ubulumko beli phakade, bungebubo nobabaphathi balo ababhangayo.
7Ndixela ubulumko bukaThixo obungaziwa mntu, awathi uThixo kwangaphambi kokudalwa kwehlabathi wabumisela ukuze sibe nodumo ngenxa yabo.
8Akubangakho namnye ke wabaphathi beli hlabathi ubazileyo obo bulumko, kuba, ukuba babebazile, ngebengayibethelelanga emnqamlezweni iNkosi enobungangamsha.
9Kodwa ke kunjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: "Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha ntliziyweni yamntu, zezi kanye uThixo wazilungiselela abo bamthandayo."
10UThixo wazityhila kuthi ke ezi ndaba ngoMoya wakhe; kuba uMoya uphengulula zonke izinto, nobunzulu bobume bukaThixo.
11Kanene yintoni na emntwini ebaziyo ubume bomntu, ingenguwo umoya womntu ongaphakathi kwakhe? Ngokunjalo nobume bukaThixo akukho namnye ubaziyo, ingenguye uMoya kaThixo.

12Ke thina asamkelanga moya simnikwe ngabantu; samkele uMoya esimnikwe nguThixo, ukuze sizazi izinto uThixo asibabale ngazo.

13Ezi zinto ke sizithethayo asizithethi ngabuciko sibunikwe ngumntu, kodwa sizithetha ngobulumko esibunikwe nguMoya oyiNgcwele. Sicacisa izinto

interpretando verdades espirituais para os que são espirituais.

[14] As pessoas que não têm o Espírito não aceitam as verdades que vêm do Espírito de Deus, pois lhes parecem absurdas; e não são capazes de compreendê-las, porquanto elas são discernidas espiritualmente.

[15] Contudo, aquele que é espiritual pode discernir todas as coisas, e ele mesmo por ninguém é compreendido; porquanto:

[16] "Quem jamais conheceu a mente do Senhor, para que possa instruí-lo?" Todavia, nós temos a mente de Cristo!

1 Coríntios 3

O espírito mundano causa dissensões nas igrejas

[1] Irmãos, não vos pude falar como a pessoas espirituais, mas como a pessoas carnais, como a crianças em Cristo.

[2] O que vos dei para beber foi leite e não alimento sólido, pois não podíeis recebê-lo, nem ainda agora podeis,

[3] porque ainda sois carnais. Visto que campeia entre vós todo tipo de inveja e discórdias, por acaso não estais sendo carnais, vivendo de acordo com os padrões exclusivamente mundanos?

[4] Pois, quando alguém alega: "Eu sou de Paulo", e outro "Eu sou de Apolo", não estais agindo absolutamente segundo os padrões dos homens?

ezizezoMoya ngamazwi esiwanikwa nguMoya.

[14]Ke umntu ongenaye uMoya akazamkeli izinto zoMoya kaThixo, kuba zibubudenge kuye. Kaloku akanakuziqonda, kuba ukuxabiseka kwazo kuqondwa kuphela ngulowo ukhokelwa nguMoya.

[15]Ke umntu okhokelwa nguMoya okunene uyakwazi ukuzicalula zonke izinto, kodwa yena ngokwakhe akanakuphengululwa ngabangakhokelwa nguMoya.

[16]Kunjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: "Ngubani na ozaziyo iingcamango zeNkosi; ingubani na onako ukuyicebisa?" Kaloku thina sicinga nto-nye noKrestu.

1 KwabaseKorinte 3

Abancedisayo emsebenzini kaThixo

[1]Nam ke, mawethu, bendingenako ukuthetha nani ngendlela endithetha ngayo nabo banaye uMoya, kodwa kwakufuneka ndithethe nani ngendlela endithetha ngayo nabo baselula, baseziintsana kwihambo yobuKrestu.

[2]Ndaniseza ubisi, andanipha kutya kuqinileyo, kuba naningekakufaneli.Kanti ke unangoku anikakufaneli,

[3]kuba nisaziphethe ngokwesimo esidala. Kaloku xa ninomona, neenkani, nixabana, niziphatha ngokwesimo esidala, nilinganisa abantu.

[4]Kakade anilinganisi bantu xa omnye athi: "Mna ndingokaPawulos," wumbi athi: "Mna ndingoka-Apolo"?

5 Quem é, portanto, Apolo? E quem é Paulo? Servos por intermédio dos quais viestes a crer, e isto conforme o ministério que o Senhor concedeu a cada um.

6 Eu plantei; Apolo regou; mas foi Deus quem deu o crescimento.

7 De forma que nem o que planta nem o que rega são de alguma importância, mas unicamente Deus, que realiza o crescimento.

8 O que planta e o que rega ministram de acordo com um propósito, e cada um será premiado segundo o seu próprio trabalho.

9 Porquanto nós somos colaboradores de Deus; vós sois a lavoura de Deus e edifício de Deus.

10 Segundo a graça de Deus que me foi outorgada, eu, como prudente construtor, lancei o alicerce e outro está edificando sobre ele. Entretanto, reflita bem cada um como constrói.

11 Porque ninguém pode colocar outro fundamento além do que está posto, o qual é Jesus Cristo!

12 Se alguma pessoa edifica sobre esse alicerce utilizando ouro, prata, pedras preciosas, madeira, feno ou palha,

13 sua obra será manifesta, porquanto o Dia a trará à luz; pois será revelada pelo fogo, que provará a qualidade da obra de cada um.

5Xa ndingubani mna Pawulos, engubani yena uApolo? Sizizicaka nje zikaThixo kuphela, ezinincedayo ukuba nikholwe. Umntu ngamnye kuthi wenza umsebenzi awunikwe yiNkosi.

6Mna ndatyala, uApolo yena wankcenkceshela,kodwa ke nguThixo okhulisayo.

7Ngoko ke lowo utyalayo akabalwa, nalowo unkcenkceshelayo akabalwa; obalulekileyo nguThixo, yena ukhulisayo.

8Lowo utyalayo ke uyafana nalowo unkcenkceshelayo, kodwa elowo kubo uya kwamkela umvuzo ngangokubulaleka kwakhe.

9Thina singabancedisanayo emsebenzini kaThixo; intsimi kaThixo ke nini. Ngenye indlela nisisakhiwo sikaThixo.

10Ngesisa endisenzelwe nguThixo ndasibeka isiseko ngokwegcisa lomakhi. Omnye ke wakha phezu kwaso. Elowo ke makayigqale indlela akha ngayo phezu kwesi siseko.

11Kaloku akukho bani unokubeka siseko simbi ngaphandle kweso sabekwa nguThixo, eso ke singuYesu onguKrestu.

12Kunokwakhiwa ngezinto ezahluka-hlukeneyo phezu kwesi siseko. Kunokwakhiwa ngegolide, ngesiliva, nangamatye anqabileyo; kunokwakhiwa ngamaplanga, ngengca, nangeendiza.

13Umsebenzi womntu ngamnye uya kucaca ngemini yomgwebo, kuba ngaloo mini umlilo uya kuwubonakalisa umsebenzi womntu ngamnye, uphicothe ubunjani bawo.

[14] Se a obra que alguém construiu permanecer, este receberá sua recompensa.

[15] Se a obra de alguém se queimar, este sofrerá prejuízo; ainda assim, será salvo como alguém que escapa por entre as chamas do fogo.

[16] Não sabeis que sois santuário de Deus e que o seu Espírito habita em vós?

[17] Se alguma pessoa destruir o santuário de Deus, este o destruirá; pois o santuário de Deus, que sois vós, é sagrado.

[18] Ninguém se iluda: se qualquer pessoa entre vós se considera sábia de acordo com os padrões deste nosso tempo, então é melhor tornar-se insensata para alcançar a sabedoria.

[19] Porquanto a sabedoria deste mundo é loucura aos olhos de Deus. Pois está escrito: “Ele apanha os sábios nas próprias artimanhas deles”.

[20] E mais: “O Senhor conhece os pensamentos dos sábios, que são elucubrações vãs”.

[21] Portanto, nenhuma pessoa deve se orgulhar dos homens, porque tudo vos pertence,

[22] seja Paulo, seja Apolo, seja Pedro, seja o mundo todo, a vida, a morte; assim como o presente ou o futuro, tudo o que existe é vosso,

[23] e vós sois de Cristo, e Cristo de Deus! Ministros de Deus

[14]Ukuba into akhe ngayo umntu phezu kwesi siseko ayitshanga, uya kwamkela umvuzo.

[15]Ke ukuba ithe yatsha, umntu lowo wolahlekelwa ngumvuzo; ke yena ngokwakhe wosindiswa, kodwa ke ange ucande emlilweni.

[16]Anazi na ukuba nina niyindlu kaThixo? Anazi na ukuba uMoya kaThixo uhlala ngaphakathi kwenu?

[17]Ukuba umntu uyayonakalisa indlu kaThixo, uThixo uya kumohlwaya, kuba indlu kaThixo ingcwele – nina ke niyiloo ndlu.

[18]Makungabikho namnye uzikhohlisayo. Ukuba ubani kuni uba usisilumko kweli hlabathi, makabe “sisidenge” ukuze abe sisilumko ngenene.

[19]Kaloku ubulumko beli hlabathi bubudenge kuThixo. Kaloku iziBhalo zitsho ukuthi: “UThixo uyazibambisa izilumko kubuqhetseba bazo;”

[20]ziphinde zithi: “INkosi iyazazi ukuba zingamampunge iingcamango zezilumko.”

[21]Ngoko ke makungabikho namnye uqhayisa ngezinto ezenziwa ngabantu. Kaloku izinto zonke zezenu:

[22]nokuba nguPawulos, nokuba nguApolo, nokuba nguPetros, nokuba lihlabathi, nokuba bubomi, nokuba kukufa, nokuba zizinto ezikhoyo, nokuba zeziza kubakho; zonke ezo zinto zezenu.

[23]Kodwa ke nina ningabakaKrestu, uKrestu yena ngokaThixo.

1 Coríntios 4

Os ministros e despenseiros dos mistérios de Deus

1 Portanto, todas as pessoas devem nos considerar servos de Cristo encarregados dos mistérios de Deus.

2 Além disso, o que se requer de todos aqueles que têm essa responsabilidade é que vivam fielmente.

3 Quanto a mim, pouco me importa ser julgado por vós, ou por qualquer tribunal humano; em verdade, nem eu tampouco julgo a mim mesmo.

4 Porquanto, ainda que esteja consciente de que nada há contra mim, nem por isso me justifico, pois quem julga é o Senhor.

5 Assim, nada julgueis antes da hora devida; aguardai até que venha o Senhor, o qual não somente trará à luz o que está em oculto nas trevas, mas igualmente manifestará as intenções dos corações. Então, nesse momento, cada pessoa receberá de Deus a sua recompensa.

A vanglória dos coríntios. A humildade e autoridade do apóstolo

6 Irmãos, apliquei essas verdades a mim e a Apolo por amor de vós, para que por nosso intermédio aprendais a não ir além do que está escrito, de maneira que nenhum de vós se encha de orgulho a favor de um contra o outro.

7 Pois, quem é que te faz destacado em relação aos demais? E o que tens que não tenhas recebido? E, se o recebeste, então qual o motivo do teu orgulho, como se não o tiveras ganho?

8 Já tendes tudo o que desejais! Já estais ricos! Conseguistes vos tornar reis, e isso,

1 KwabaseKorinte 4

Abathunywa bakaThixo

1 Makenjenje ke umntu ukucinga ngathi, athi sizizicaka zikaKrestu, singamagosa eendaba zikaThixo ebezingaziwa.

2 Into elindelekileyo ke kumagosa kukuba ahlale ethembekile.

3 Ke mna andikunanze nganto ukuziphendulela kuni okanye enkundleni eyeyabantu. Ewe, nam andiziphicothi ngokwam.

4 Akukho nto ndinasazela ngayo, kodwa loo nto ayithethi kuthi ndimsulwa. Kaloku umgwebi wam yiNkosi.

5 Ngoko ke musani ukugweba mntu ngaphambi kwexesha lokufika kweNkosi. Yona iya kuzityhila izinto zobumnyama ezifihliweyo, ekufikeni kwayo, iziveze ekuhleni iingcinga zabantu. Wothi ke elowo nalowo awongwe nguThixo ngokumfaneleyo.

6 Ezi zinto, mawethu, ndizilinganisela ngam noApolo ngenxa yenu, ukuze nifunde kuthi apha, nize ke, njengoko zitshoyo iziBhalo, ningabi nakratshi. Ke musani ukuqhayisa ngothile nize nimdele omnye.

7 Kambe ngubani othe wena ubalulekile kunabanye; iyintoni yona onayo ongayiphiwanga nguThixo? Phofu ke, ukuba uphiwe, uqhayiselani ngokungathi akuphiwanga?

8 Ngathi senide nadikwa njê; ngathi senizizityebi njê; ngathi senide naziinkosi

sem nós! Quisera muito eu que verdadeiramente reinásseis, para que também nós reinássemos convosco!

9 Porquanto a mim parece que Deus nos colocou a nós, os apóstolos, em último lugar, como condenados à morte; pois viemos a ser como um espetáculo para o mundo, tanto diante de anjos como dos seres humanos.

10 Nós somos loucos por causa de Cristo, todavia vós sois os sábios em Cristo! Nós somos os fracos por causa de Cristo, mas vós sois fortes! Vós sois respeitados, contudo, nós somos desprezados!

11 Até hoje, estamos passando fome, sede e necessidade de roupas; somos afrontados e esbofeteados, e não temos morada certa.

12 Nos afadigamos de trabalhar arduamente com as próprias mãos. Quando somos ofendidos, abençoamos; quando perseguidos, não revidamos;

13 quando caluniados, respondemos fraternalmente. Até esse momento, somos considerados a escória da humanidade, o lixo do mundo.

14 Não vos escrevo dessa forma com a intenção de vos envergonhar, mas para vos advertir, como a meus filhos amados.

15 Pois, ainda que venhais a ter dez mil tutores em Cristo, não teríeis, entretanto, muitos pais. Porquanto em Cristo Jesus eu mesmo os gerei por intermédio do Evangelho.

16 Sendo assim, suplico-vos que sejam meus imitadores.

njê, ndingekabi yiyo nam! Akwaba beniziinkosi nyhani-nyhani, ukuze nam ndibuxhamle ubukhosi obo benu!

9Kuba kum ngathi uThixo thina bathunywa bakhe usinika eyona ndawo iphantsi, ngathi singabamiselwe ukufa, senziwe umboniso oyintlekisa ehlabathini, kwizithunywa zezulu nasebantwini.

10Andithi thina siziziyatha kaloku ngenxa kaKrestu, nibe ke nina niziingqondi ngokumanywa noKrestu, ngabula nina! Andithi thina siswele amandla; ke nina nomelele! Kaloku nibekekile nina, sibe ke thina sidelekile!

11Kude kube ngôkunje siyalamba, siyanxanwa, siyadlakazela, siyadlakathiswa, siyabhadula,

12siyabulaleka sisebenza nzima sizixhasa. Sakuthukwa, siyasikelela; sakutshutshiswa, siyanyamezela;

13sakunyeliswa, siyacenga. Kude kube ngoku siphethwe okwenkunkuma yehlabathi, umququ wezinto zonke.

14Ezi zinto andizibhaleli kuba nenyele; hayi, ndizibhalela ukuniluleka. Kaloku ningabantwana bam endibathandayo.

15Nokuba ningade nibe namawaka-waka abafundisi abanifundisa ngoKrestu, mnye yena uyihlo kodwa. Ndim ke lowo, kuba namanywa noKrestu ngokuziva ngam iindaba ezimnandi; ndafana nonizeleyo ke.

16Ndiyanibongoza ke, xelisani mna.

[17] Por esse motivo, vos estou enviando Timóteo, meu filho amado e fiel no Senhor, o qual vos trará à lembrança o modo como vivo em Cristo Jesus, em conformidade com o que eu ensino por toda parte, em todas as igrejas.
[18] Alguns de vós se tornaram arrogantes, como se eu não fosse mais visitar-vos.
[19] Contudo, em breve, irei visitar-vos, se o Senhor permitir, então saberei não apenas o que estão falando esses soberbos, mas que poder eles realmente têm.
[20] Porque o Reino de Deus não consiste de palavras, mas de poder!
[21] O que preferis? Devo ir visitar-vos com a vara da disciplina, ou com amor e espírito de mansidão?

1 Coríntios 5

A impureza da igreja de Corinto. Repreensões e exortações

[1] De toda parte se ouvem comentários de que há impureza entre vós, e uma espécie de imoralidade que não se observa nem mesmo entre os pagãos, a ponto de alguém manter relações sexuais com a mulher do seu pai.
[2] E ainda estais cheios de arrogância! Não devíeis, pelo contrário, repugnar tal atitude e expulsar da comunhão aquele que assim procede?
[3] Apesar de eu estar ausente fisicamente, estou presente em espírito, e já julguei quem praticou tamanha insolência, como se estivesse presente.
[4] Ora, quando vos reunirdes em o Nome do Senhor Jesus, e eu estando convosco em espírito, diante da presença do poder de nosso Senhor Jesus,

[17]Ngenxa yoko ndinithumela uTimoti ongunyana wam endimthandayo, othembekileyo ekuyikhonzeni iNkosi. Yena uya kunikhumbuza ngeemfundiso zam ngoKrestu, ezi ndizifundisayo ezindaweni zonke kuwo onke amabandla.
[18]Abanye benu basuke bakhukhumala ngokungathi andisayi kuze ndize apho.
[19]Ndiya kunihambela kamsinya, emandleni eNkosi, ukuze ndinganeli nje kuva kucikoza kwâbo bazidlayo, kodwa ndiwubone nomsebenzi wabo.
[20]Kaloku ulawulo lukaThixo alungabuciko, lungamandla kaMoya.
[21]Nikhetha ntoni ke? Ngaba nifuna ndize kuni ndiphethe uswazi, okanye nifuna ndize ndinothando nobubele?

1 KwabaseKorinte 5

Umbulo ebandleni

[1]Ndiva kusithiwa kukho umbulo phakathi kwenu. Lowo ke ngumbulo onganyamezelekiyo naphakathi kweentlanga. Ndithetha lo wokuba umntu ahlalisane nomfazi kayise.

[2]Ningathini ke ukuzidla? Benimelwe kukwenyela, nimsuse phakathi kwenu lowo wenze loo ntlondi.

[3]Mna ke, ndingekho nje okunene ngesiqu (kodwa ndikho ngomoya) sendide ndagqiba ngokungathi ndikho, malunga noyenzileyo loo nto.
[4]Ndigqibe kwelithi xa nihlangene egameni leNkosi yethu uYesu Krestu, nam ndikho ngomoya, amandla eNkosi yethu uYesu Krestu esixhasa,

[5] entreguem esse homem a Satanás, para que a carne dessa pessoa seja destruída, mas seu espírito seja salvo no Dia do Senhor.

[5]makanikelwe onjalo kuSathana, ukuze umzimba wakhe utshatyalaliswe, ngenjongo yokuba umoya wakhe ube nokusindiswa ngomhla womgwebo.

[6] Esse vosso orgulho não é bom. Não sabeis que um pouco de fermento faz com que toda a massa fique fermentada?

[6]Hayi ukunyanyeka kweqhayiya lenu! Anisazi kakade isaci esithi: "Igwele elincinane libilisa intlama iphela"?

[7] Livrai-vos do fermento velho, a fim de que sejais massa nova e sem fermento, assim como certamente, sois. Porquanto Cristo, nosso Cordeiro Pascal, foi sacrificado.

[7]Likhupheni ngoko liphele tu igwele elidala elonakalisayo, ukuze nibe yintlama entsha. Kaloku niyintlama engenagwele, kuba iPasika yethu seyilungisiwe, ethe nje uKrestu, ixhwane lethu lePasika, wenziwa idini.

[8] Por isso, celebremos a festa, não com fermento velho, nem com o fermento do maligno e da corrupção, mas com os pães sem fermento da sinceridade e da verdade.

[8]Ngoko ke itheko lethu masingalityi ngasonka sinegwele elidala, elikukona nobubi, kodwa masilitye ngesonka esingenagwele, isonka sobunyulu nenyaniso.

[9] Já vos adverti por carta que não vos associásseis a nada que fosse imoral.

[9]Kwincwadi endanibhalela yona ndathi ze ningadibaniselani nabarheletyi.

[10] Dizendo isso, não me refiro às pessoas imorais deste mundo, nem aos avarentos, ou aos ladrões, ou ainda, aos idólatras. Se assim fosse, seria necessário que saísseis do mundo.

[10]Ke bendingaxeli abarheletyi beli hlabathi, ababawayo, izigebenga, nabakhonza izithixo. Ukuze ningadibaniselani nabo, bekuya kufuneka ningabikho emhlabeni!

[11] Entretanto, agora vos escrevo para que não vos associeis com qualquer pessoa que, afirmando-se irmão, for imoral ou ganancioso, idólatra ou caluniador, embriagado ou estelionatário. Com pessoas assim não deveis sequer sentar-se para uma refeição.

[11]Hayi, bendixela ukuba ningadibaniselani nosukuba ebizwa ngokuba likholwa, ukanti uyarheletya, okanye uyabawa, ukhonza izithixo, okanye uyanyelisa, linxila, okanye limenemene. Ewe, ze ningatyi nokutya oku nonjalo.

[12] Pois, como haveria eu de julgar os que estão fora da igreja? Todavia, não deveis vós julgar os que são de dentro?

[12-13]Asingomsebenzi wam ukubagweba abangengabo abebandla. Bagwetywa nguThixo bona. Kodwa ngumsebenzi wenu

[13] Contudo, Deus julgará os que são de fora. Expulsai, portanto, do vosso meio esse que vive na prática da indecência.

1 Coríntios 6

Paulo censura o litígio entre os irmãos

[1] Atreve-se alguém entre vós, quando há litígio de um contra o outro, levar o caso para ser julgado por pessoas pagãs e não pelos próprios santos?

[2] Ou desconheceis que os santos julgarão o mundo todo? E, se o mundo será julgado por vós, como sois incompetentes para julgar assuntos de tão menor importância?

[3] E mais, não sabeis vós que iremos julgar inclusive os anjos? Quanto mais as demandas triviais desta vida!

[4] Será que, quando surgem questões desta vida para serem julgadas, constituís como juízes as pessoas menos respeitáveis da igreja?

[5] É para vossa vergonha que me expresso dessa forma. Não há, porventura, nem ao menos um sábio entre vós, que possa julgar uma contenda entre irmãos?

[6] Contudo, ao invés disso, um irmão recorre ao tribunal contra outro irmão e apresenta tudo isso diante de incrédulos?

[7] Só o fato de haver entre vós processos judiciais uns contra os outros revela que já estais derrotados. Em vez disso, por que não deis preferência a sofrer a injustiça? Por que não arqueis com o prejuízo?

[8] Entretanto, sois vós mesmos que praticais a injustiça e cometeis fraudes, e tudo isso contra seus próprios irmãos!

ukubagweba abebandla lenu, njengoko iziBhalo zitshoyo ukuthi: “Ze nimsuse phakathi kwenu lowo ukhohlakeleyo.”

1 KwabaseKorinte 6

Ukumangalelana kwamakholwa

[1]Xa kukho umntu phakathi kwenu onento afuna ukumangalela omnye ngayo, angathini ukusuka aye kummangalela enkundleni, ukuze ityala lakhe lithethwe ngabangengomakholwa? Kutheni le nto angalisi kumakholwa nje ityala lakhe?

[2]Anazi na ukuba amakholwa aya kuligweba ihlabathi? Ukuba ke ihlabathi liya kugwetywa nini, ningathini ke ukuxakwa kukuthetha nawona mancinci amatyala?

[3]Thina siya kugweba nkqu nezithunywa zezulu, singathini ukuxakwa kukugweba izinto zobu bomi?

[4]Ningathini ke ukusuka niye ematyaleni ngezinto zobu bomi, ukuze amatyala enu athethwe ngabantu abangento ebandleni?

[5]Niyazihlazisa ke khona! Ngaba akukho nasinye na isilumko phakathi kwenu esinokuwalamla amakholwa?

[6]Phofu ke lingathini ikholwa ukusuka limangalelane nekholwa enkundleni yabangakholwayo?

[7]Iyimposiso enkulu kambe kwainto yokuba nibe nemicimbi enimangalelana ngayo. Ngekungcono ukuba benivuma ukuba noniwe; ngekungcono ukuba benivuma ukuba niqhathwe.

[8]Kodwa, nina nisuka none okanye nibaqhathe abanye, nangona bengamawenu!

[9] Não sabeis que os injustos não herdarão o Reino de Deus? Não vos deixem enganar: nem imorais, nem idólatras, nem adúlteros, nem os que se entregam a práticas homossexuais de qualquer espécie,

[10] nem ladrões, nem avarentos, nem viciados em álcool ou outras drogas, nem caluniadores, nem estelionatários herdarão o Reino de Deus.

[11] Assim fostes alguns de vós. Contudo, vós fostes lavados, santificados e justificados em o Nome do Senhor Jesus Cristo e no Espírito Santo do nosso Deus!

Os nossos corpos são membros de Cristo

[12] Todas as coisas me são permitidas, mas nem todas são saudáveis. Tudo me é lícito realizar, mas eu não permitirei que nada me domine.

[13] Os alimentos são para o estômago e o estômago, para os alimentos. Deus, no entanto, destruirá tanto um quanto o outro. Mas o corpo não é para servir à imoralidade, e sim para o Senhor; e o Senhor, para o corpo.

[14] Por seu poder, Deus ressuscitou o Senhor e, igualmente, nos ressuscitará.

[15] Não sabeis que os vossos corpos são membros de Cristo? Tomarei eu os membros de Cristo e os unirei a uma prostituta? De forma alguma!

[9]Anazi na ukuba abakhohlakeleyo abayi kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguThixo? Musani ukulahlekiswa: abarheletyi, nabakhonza izithixo, nabakrexezayo, nabafebayo, nabangamadoda alalanayo,

[10]nabangamasela, nababawayo, nabangamanxila, nabathukayo, nabazizikrelemnqa, abanakubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguThixo.

[11]Kanti abanye kuni babenjalo kanye, kodwa nahlanjwa, nenziwa imilowo, naba ngamalungisa phambi koThixo ngenxa yegama leNkosi uYesu nangoMoya kaThixo wethu.

Dumisani uThixo ngemizimba yenu

[12]Ubani unokuthi: “Zonke izinto zivumelekile kum.” Ewe, kunjalo, kodwa azikulungelanga zonke. Nam bendinokuthi: “Zonke izinto zivumelekile kum;” kodwa ngekhe ndinikezele ukuze ndilawulwe nayiyiphi na into.

[13]Omnye unokuthi: “Ukutya kokwesisu, nesisu sesokutya.” Ewe, kunjalo, kodwa uThixo wokutshabalalisa kokubini. Ke wona umzimba asingowokurheletya, ngoweNkosi; nayo iNkosi yeyomzimba.

[14]UThixo ke owayivusayo kwabafileyo iNkosi, uya kusivusa nathi ngamandla akhe.

[15]Anazi na ukuba imizimba yenu ngamalungu omzimba kaKrestu? Ngaba ndinokuthi ke ndiwathathe amalungu kaKrestu ndiwenze amalungu esifebe? Unotshe!

[16] Ou não é de vosso conhecimento que quem se une a uma prostituta torna-se um corpo com ela? Porquanto está escrito: "Os dois serão uma só carne".
[17] Entretanto, aquele que se une ao Senhor é um só espírito com Ele!
[18] Fugi, portanto, da imoralidade sexual. Qualquer outro pecado que uma pessoa comete, fora do corpo os comete; todavia, quem peca sexualmente, peca contra o seu próprio corpo.
[19] Ou ainda não entendeis que o vosso corpo é santuário do Espírito Santo, que habita em vós, o qual tendes da parte de Deus, e que não pertenceis a vós mesmos?
[20] Pois fostes comprados por alto preço; portanto, glorificai a Deus no vosso próprio corpo.

1 Coríntios 7

Resposta a perguntas acerca do casamento

[1] Agora, em relação aos assuntos sobre os quais escrevestes, é bom que o homem se abstenha de relações sexuais com qualquer mulher.
[2] Porém, por causa da imoralidade, cada homem tenha sua esposa, e cada mulher, seu marido.
[3] O marido deve cumprir seus deveres conjugais para com sua esposa, e, da mesma forma, a esposa para com seu, marido.
[4] A esposa não tem autoridade sobre o seu próprio corpo, mas, sim, o marido. Da mesma maneira, o marido não tem autoridade sobre o seu próprio corpo, mas, sim, a esposa.
[5] Portanto, não vos negueis um ao outro, exceto por mútuo consentimento, e apenas

[16]Ngaba anazi na ukuba ozimanya nesifebe umzimba mnye naso? Kaloku iziBhalo zithi: "Abo babini boba mzimba mnye."

[17]Ke ozimanye neNkosi umoya mnye nayo.

[18]Kucezeleni ukurheletya. Ezinye izono umntu anokuzenza aziwungcolisi umzimba, kodwa yena umrheletyi wona umzimba wakhe.

[19]Anazi na ukuba imizimba yenu yindlu kaMoya oyiNgcwele, ahlala kuyo, evela kuThixo? Kaloku aningobenu;

[20]ningabakaThixo owanithenga ngexabiso elikhulu. Mdumiseni ke uThixo ngemizimba yenu.

1 KwabaseKorinte 7

Iingxaki ezimalunga nomtshato

[1]Ngoku ke mandiphendule umbuzo wenu. Kulungile ukuba indoda ingabi nanto yakwenza nomntu obhinqileyo,

[2]kodwa ukuphepha ukurheletya elowo makabe nowakhe umfazi, aze elowo umfazi abe neyakhe indoda.

[3]Indoda mayimkholise umfazi wayo; nomfazi makenjenjalo endodeni yakhe.

[4]Umfazi akanagunya kowakhe umzimba; yindoda enalo. Kwangokunjalo ke nendoda ayinagunya kowayo umzimba; ngumfazi onalo.

[5]Musani ukwala ukuhlangana, ngaphandle kokuba nivumelene ukungahlangani

durante algum tempo, a fim de vos consagrardes à oração. Logo em seguida, uni-vos novamente, para que Satanás não vos tente por causa da vossa falta de controle.

okomzuzwana, nisenzela ukuba nibe nethuba lokuthandaza. Emva koko ke ze nibuye nihlangane, hleze uSathana anihende ngenxa yokungabi nako kwenu ukuzibamba.

6 Entretanto, prego isso como concessão e não como mandamento.

6Xa nditshoyo ke ndiyanicebisa, andiwisi mthetho,

7 Porquanto gostaria que todos os homens estivessem na mesma condição em que eu vivo, contudo, cada ser humano tem seu próprio dom da parte de Deus; um de determinado modo, outro de forma diferente.

7kuba ndinga bonke abantu bangaba njengam lo. Kodwa ke elowo unesakhe isiphiwo ababalwe ngaso nguThixo. Omnye uba nesipho esithile, wumbi abe nesinye.

8 Digo, no entanto, aos solteiros e às viúvas: Melhor seria se permanecestes como eu.

8Ke kwabangatshatanga nabahlolokazi ndithi kubalungele ukuba bahlale njengam.

9 Porém, se não vos é possível controlar-se, que se casem. Porque é melhor casar do que viver queimando de paixão.

9Kodwa ke, ukuba abanakuzibamba, mabatshate, kuba kulungile ukutshata kunokutshiseka.

10 Todavia, ordeno aos casados, não eu, mas o Senhor: Que a esposa não se separe do marido.

10Ke kwabatshatileyo ndinomyalelo, ongenguwo owam, ongoweNkosi. Lo myalelo ke ngowokuba umfazi otshatileyo makangahlukani nendoda yakhe.

11 Se, porém, ela se separar, que não se case, ou que se reconcilie com o seu marido. E que o marido não se divorcie da sua esposa.

11Kambe ke ukuba uthe wahlukana nayo, makahlale angatshati, okanye makaxolelaniswe nendoda yakhe. Indoda ke yona mayingamali umkayo.

12 A todos os demais, eu particularmente, não o Senhor, vos digo: Se algum irmão tem mulher descrente, e esta se dispõe a viver com ele, não se divorcie dela.

12Ngokubhekiselele kwabanye asinamyalelo siwunikwe yiNkosi. Kodwa mna ndithi kubo, ukuba kukho kholwa lithile linomfazi ongelokholwa, aze umfazi lowo athande ukuhlala nalo, malingahlukani naye.

13 Da mesma forma, se uma mulher tem marido incrédulo, mas este consente em viver com ela, não se separe dele.

13Nomfazi onendoda engelokholwa, ize yona ithande ukuhlala naye, makangahlukani nayo.

14 Porquanto o marido descrente é santificado por causa da esposa cristã; e a esposa incrédula é santificada por causa do

14Kaloku indoda leyo ingelokholwa uThixo unebango kuyo ngenxa yomfazi wayo, nomfazi lowo ungelokholwa uThixo

marido crente. Se assim não fosse, seus filhos seriam impuros, mas agora são santificados.

15 No entanto, se o incrédulo decidir separar-se, que se separe. Em tais circunstâncias, nem o irmão nem a irmã estão sujeitos à servidão; pois Deus nos chamou para vivermos em paz.

16 Porquanto, como podeis saber, ó mulher, se salvarás teu marido? Ou, como sabes, ó homem, se salvarás tua mulher?

17 Contudo, cada um prossiga vivendo na condição que o Senhor lhe determinou, e em conformidade com o chamado de Deus. É isso que ordeno em todas as igrejas!

18 Foi alguém chamado sendo já circuncidado? Não se preocupe em desfazer sua circuncisão. Foi alguém chamado sendo incircunciso? Não se deixe circuncidar!

19 A circuncisão em si não faz o menor sentido e a incircuncisão também não significa nada; o que realmente importa é obedecer aos mandamentos de Deus.

20 Cada um deve permanecer na condição em que foi chamado por Deus.

21 Foste chamado sendo escravo? Não te preocupes com isso. Mas se ainda podes conseguir tua liberdade, aproveita a oportunidade.

22 Pois aquele que, sendo escravo, foi chamado pelo Senhor, é liberto e pertence ao Senhor; e da mesma forma, aquele que

unebango kuye ngenxa yendoda yakhe. Ukuba bekungenjalo abantwana babo ngebenetyheneba, kanti ke abanalo, kuba uThixo unebango kubo.

15Kodwa ke ukuba lowo ungelokholwa uyahlukana nalowo ukholwayo, makayekwe. Xa kunjalo indoda leyo ikholwayo nokuba ngumfazi akabotshelelwanga. Kaloku uThixo wasibizela ukuhlala ngoxolo.

16Kanene wazi ngani na, wena mfazi, ukuba akuyi kuyisindisa indoda yakho? Wena ndoda, wazi ngani na ukuba akuyi kumsindisa umfazi wakho?

Hlala ukwimeko owabizwa nguThixo ukuyo

17Elowo makahlale ekwimeko ayiphiwe yiNkosi, imeko awabizwa nguThixo ekuyo. Nantso ke into endiyifundisayo kuwo onke amabandla.

18Ukuba ubani uthe wabizwa engowalukileyo ngokomthetho kaMosis, makangazenzi ongalukanga. Ukuba ubani uthe wabizwa engalukanga, makangaluki.

19Ukwaluka oku akunto, nokungaluki oku akunto, eyona nto kukugcina imiyalelo kaThixo.

20Elowo makahlale ekwimeko abizwe ekuyo nguThixo.

21Wâbizwa ulikhoboka na? Mayingakukhathazi le nto, kodwa ukuba unokukhululeka, khululeka.

22Kaloku lowo wabizwa yiNkosi elikhoboka, ngumkhululwa weNkosi. Ngokunjalo nalowo wabizwa yiNkosi engokhululekileyo, likhoboka likaKrestu.

era livre quando foi chamado, agora é escravo de Cristo.

23 Fostes comprados pelo mais elevado preço; não vos torneis escravos de homens!

24 Portanto, irmãos, cada um deve permanecer diante de Deus na condição em que foi chamado. Solteiros ou casados: consagrem-se!

25 Quanto aos solteiros, não tenho mandamento específico do Senhor. Dou, no entanto, meu parecer como um homem que, pela misericórdia do Senhor, tem vivido em fidelidade.

26 Considero, portanto, que é saudável, devido aos problemas deste momento, que a pessoa permaneça em sua atual condição.

27 Estás casado? Não procures separação. Estás solteiro? Não procures casamento.

28 Todavia, se te casares, com essa atitude não pecas; da mesma forma, se uma virgem vier a se casar, também por isso não comete pecado. Contudo, aqueles que se casam enfrentarão uma série de dificuldades nessa vida, e eu gostaria de poupá-los disso.

29 Irmãos, o que desejo vos fazer entender é que o tempo se abrevia sobremaneira. De agora em diante, aqueles que têm esposa, vivam como se não tivessem,

30 aqueles que estão tristes, como se não chorassem; os que estão alegres, como se não houvessem alcançado a felicidade; os que podem comprar o que desejam, como se nada possuíssem;

31 os que se beneficiam dos produtos do mundo, como se não tivessem acesso a nada;

23UThixo wanithenga ngexabiso elikhulu; musani ke ukuba ngamakhoboka abantu.

24Mawethu, elowo makahlale ekuloo meko wabizwa ekuyo.

Iingxaki ezimalunga nabantu abangatshatanga kunye nabahlolokazi

25Ngokubhekiselele ezintombini asinamyalelo sawunikwayo yiNkosi. Kodwa njengamntu owenzelwe inceba yiNkosi ndaza ndathembeka, ndibona ngolu hlobo:

26Ngenxa yeengxaki ezikhoyo kule mihla, ndibona ukuba kulungile ukuba umntu ahlale njengoko anjalo.

27Ukuba unomfazi, musa ukufuna ukwahlukana naye; ukuba awunaye, musa ukuba samfuna umfazi.

28Kodwa ke ukuba uyatshata akonanga; kanti nokuba intombi iyenda, ayonanga. Kodwa ke abatshatileyo baya kuhlala befikelwa ziingxaki, kanti bendingathandi ukuba kube njalo.

29Ndithetha ukuthi ke, mawethu, ixesha liyemka. Ke ngoko abanabafazi mababe njengabangenabo;

30abalilayo mababe njengabangaliliyo; abavuyayo mababe njengabangavuyiyo; abathengayo mababe njengabangenanto;

31abasebenza ngezinto zeli hlabathi, mababe njengabangasebenziyo ngazo.

porque a forma presente deste mundo está se transformando.

Kaloku eli hlabathi aliyi kuhlala liyiloo nto liyiyo ngoku.

32 O que desejo de fato é que estejais livres de preocupações. Quem não é casado pode se entregar aos assuntos do Senhor, em como mais poderá agradar ao Senhor.

32Ndithanda ukuba ningabi naxhala. Ongazekanga ukhuthalele izinto zeNkosi, kuba ezimisele ukuyikholisa iNkosi.

33 Entretanto, quem é casado preocupa-se com os negócios deste mundo, em como irá agradar sua esposa;

33Ozekileyo yena ukhuthalele izinto zehlabathi, kuba ezimisele ukukholisa umkakhe,

34 e fica dividido. A mulher que não é casada e a virgem se ocupam dos assuntos do Senhor para serem santas, tanto no corpo como no espírito. A mulher casada, no entanto, preocupa-se com os negócios do mundo e de como irá agradar seu marido.

34abe nengqondo ebetha-bethanayo. Umfazi ongenandoda nentombi bakhuthalele izinto zeNkosi, bezimisele ukuzinikela ngomzimba nangomoya. Owendileyo ke ukhuthalele izinto zehlabathi, kuba ezimisele ukukholisa indoda yakhe.

35 Estou dizendo isso para o vosso maior benefício, não para restringir vossa liberdade, mas para que possais viver de maneira honrada, em plena consagração ao Senhor.

35Le nto ndiyithetha ngeenjongo zokuba nilungelwe, ndingajonge kunirhintyela. Ndiyithethela ukuze niyikhonze kakuhle iNkosi ningaphazanyiswa.

36 Mas, se alguém julgar que está agindo de forma desonrosa perante sua noiva, se ela estiver passando da idade, crendo que deve se casar, faça como entender melhor. Ele não peca por isso; que se casem.

36Malunga nabathembiseneyo ke, ukuba umfana unexhala lokuba wode ayihlazise intombi, eziva etshiseka, eqonda ukuba kuyimfuneko ukuba batshate, mabatshate ke njengoko afunayo, kuba akukho sono kuloo nto.

37 Contudo, o homem que decidiu firmemente em seu coração que não se sente obrigado, mas tem controle sobre sua própria vontade sexual, e chegou à conclusão de não se casar com sua noiva, da mesma forma, esse também faz bem.

37Kambe ke ozimiseleyo entliziyweni yakhe, engòyiswa kukutshiseka, enamandla okuzeyisa, kananjalo esenzile isigqibo entliziyweni yakhe sokuba angàtshati, uyalungisa ukwenjenjalo.

38 De modo que, aquele que se casa com sua noiva faz bem; mas quem não se casa faz melhor.

38Ngoko ke otshatayo uyalungisa, kodwa lowo ungatshatiyo ulungisa ngokukodwa.

39 A mulher está ligada ao seu marido enquanto ele viver. Porém, se o seu marido

39Umfazi ubotshiwe ngumthetho ngalo lonke ixesha isaphilayo indoda yakhe; ke

morrer, ela estará livre para se casar com quem desejar, contanto que ele pertença ao Senhor.

[40] Entretanto, segundo me parece melhor, ela será mais feliz se permanecer viúva. E nisso, penso também estar em acordo com o Espírito de Deus.

ukuba indoda yakhe ibhubhile, ukhululekile; angatshata nendoda ayithandayo, kodwa ibe yekholwe eNkosini.

[40]Noko ke uya konwaba ngakumbi ukuba uthe wahlala enjengoko anjalo. Kokwam ukubona ke oko, kanti nam ndiba ndinaye uMoya kaThixo.

1 Coríntios 8

Resposta a perguntas acerca das carnes sacrificadas aos ídolos

[1] No que se refere aos alimentos sacrificados aos ídolos, reconheço, como dizeis, que "todos nós temos pleno conhecimento". Porém, esse tipo de conhecimento produz orgulho, mas o amor nos faz crescer na fé.

[2] A pessoa que imagina conhecer alguma coisa, ainda não tem a sabedoria que necessita.

[3] Todavia, quem ama a Deus, este é conhecido por Deus.

[4] Portanto, no que se refere à comida sacrificada a ídolos, temos pleno conhecimento de que o ídolo não tem o menor significado no mundo e que só existe um Deus!

[5] Pois, ainda que haja os chamados deuses, quer no céu, quer na terra – como de fato há muitos deuses e senhores –

[6] para nós, contudo, há um único Deus, o Pai, de quem tudo procede e para quem vivemos; em um só Senhor, Jesus Cristo, por intermédio de quem tudo o que há veio a existir, e por meio de quem também vivemos.

1 KwabaseKorinte 8

Iingxaki ezimalunga nokutyiwa kwenyama yedini

[1]Ke ngoku malunga nokutyiwa kwenyama yedini elenzelwa izithixo: Kakade sonke "sinolwazi," njengoko kusitshiwo, kodwa olu "lwazi" lungenza ukuba umntu akhukhumale, kanti uthando lona luyakha.

[2]Umntu oba unolwazi, okunene akakabi nalo ulwazi olululo.

[3]Ke umntu omthandayo uThixo, uThixo unobudlelane naye.

[4]Hee, mandithethe ke ngokumalunga nokutyiwa kwenyama yedini elenzelwa izithixo. Ewe, siyazi ukuba akukho nto isisithixo ehlabathini; siyazi nokuba mnye kuphela uThixo, akukho wumbi.

[5]Kambe bakho ekuthiwa bangoothixo nokuba basezulwini okanye basehlabathini. Ewe, baninzi ababizwa ngokuthi "thixo" okanye ngokuthi "nkosi." Nokuba kunjalo ke,

[6]kuthi mnye uThixo. Yena nguThixo uYise owadala izinto zonke, esikholo yena thina. Inye kuthi neNkosi. Yona nguYesu Krestu, ezabakho ngaye zonke izinto, esikho ngaye nathi.

[7] No entanto, nem todos conhecem essa verdade. Alguns, ainda acostumados com os ídolos, comem esse alimento como se fosse um sacrifício idólatra; e como a consciência deles é frágil, deixam-se contaminar.

[8] Ora, não são os alimentos que nos fazem aceitáveis diante de Deus; não nos tornaremos piores se não comermos, nem melhores se comermos.

[9] Contudo, tendes cuidado para que o exercício da vossa liberdade não se torne um motivo de tropeço para os fracos.

[10] Porquanto, se alguém que tem a consciência fragilizada vir a ti, que tens este conhecimento, comendo à mesa no templo de ídolos, não será induzido a se alimentar do que foi oferecido em sacrifício a ídolos?

[11] E, assim, esse teu irmão mais fraco, por quem Cristo também morreu, é destruído pelo teu conhecimento.

[12] Portanto, quando pecas contra teus irmãos dessa maneira, ferindo a consciência fraca deles, pecas contra Cristo.

[13] Concluindo, se o alimento que eu como induz meu irmão a pecar, nunca mais comerei carne a fim de que não seja eu a causa do pecado dele.

1 Coríntios 9

A liberdade e os direitos dos apóstolos

[1] Não sou eu plenamente livre? Não sou eu apóstolo? Não vi eu a Jesus, nosso Senhor? E, não sois vós fruto do meu labor no Senhor?

[7]Kodwa oku akwaziwa ngabantu bonke. Abanye nangoku basenesazela ngezithixo. Bona ke, xa batya inyama yedini, bayitya ilidini, sithi ke isazela sabo esibuthathaka sibadle.

[8]Kodwa asinako ukumkholisa uThixo ngento esiyityayo okanye esingayityiyo. Akukho nto iya kusilungela ngakuba singatyanga, kungekho nto iya kusonakalela ngakuba sityile.

[9]Nakuba kunjalo ke lumkani, hleze ilungelo lenu lokutya nayiphi na inyama libe sisikhubekiso kwabo bangekakhululeki ezithetheni.

[10]Kaloku xa athe wakubona umntu ongekakhululeki ezithetheni wena “unolwazi” usitya inyama endlwini yezithixo, akayi kusuka aye kuyitya naye, kodwa yena ayitye ilidini elenzelwe izithixo?

[11]Ngaloo ndlela ke umwenu ongekakhululeki ncam, owafelwa nguKrestu, wotshabalala ngenxa “yolwazi” lwakho olo.

[12]Kanti xa nisenjenjalo ukona amawenu ngokuwakhubekisa, nona uKrestu.

[13]Ngenxa yale nto ke ndithi: Ukuba ukutya kuyamkhubekisa umwethu, andisayi kutya nyama naphakade, ukuze ndingamkhubekisi umwethu.

1 KwabaseKorinte 9

Amalungelo neemfanelo zomthunywa

[1]Andibi kanene ndikhululekile? Ndiba niyaqonda ukuba ndithunyiwe, ndingumthunywa. Andibi kanene ndambona uYesu iNkosi yethu? Andibi

kanene nina nisisiqhamo somsebenzi endiwenzela iNkosi?

[2] Se para alguns não sou reconhecido como apóstolo, com toda a certeza o sou para vós. Porquanto, sois o selo do meu apostolado no Senhor.

[2]Ndiqinisekile nokuba abanye bathi andingomthunywa, ndinguye kuni. Kaloku ukumanyana kwenu neNkosi ngumqondiso wokuba ndithunywe yiyo.

[3] Esta é minha defesa diante daqueles que me julgam.

[3]Ke ukuziphendulela kwabo bandigxekayo ndenjenje:

[4] Não temos nós o direito de comer e beber?

[4]Ngaba andinalo mna ilungelo lokuba ndidye ndisele?

[5] Não temos nós o direito de levar conosco uma esposa crente como fazem os demais apóstolos, os irmãos do Senhor e Pedro?

[5]Ngaba andinalo mna ilungelo njengabanye abathunywa, abantakwabeNkosi, noPetros, lokuba ndibe nenkosikazi engumKrestu, ndijikeleze nayo?

[6] Ou será que Barnabé e eu somos os únicos que devemos ter um trabalho secular para nos sustentar?

[6]Okanye makube kuphela ndim noBharnabha ekufuneka sitye ukubila kwethu?

[7] Quem serve num exército à sua própria custa? Quem cultiva uma vinha e não se alimenta do seu fruto? Quem apascenta um rebanho e não pode beber do leite que é produzido?

[7]Lakha lakho phi ijoni elizihlawulela ngokwalo iindleko zalo emkhosini? Mlimi wuphi olima ajike angasityi isivuno? Nguwuphi umalusi ongazityiyo izapholo?

[8] Porventura, isso que vos digo é apenas um mero ponto de vista humano? Ora, a própria Lei não afirma claramente o mesmo?

[8]Ngaba ilungelo lam lokuba ngumthunywa lixhomekeke kule mizekeliso iqhelekileyo kuphela, okanye ngaba nomthetho kaMosis uthetha kwaloo nto nawo?

[9] Pois está escrito na Lei de Moisés: “Não amordace o boi enquanto ele estiver debulhando o cereal”. Por acaso é com bois que Deus está preocupado?

[9]Ewe, kaloku umthetho uthi: “Musa ukuyifaka isicheme inkabi ibhula.” Ke ngaba ziinkabi zeenkomo zodwa na ezi axela zona uThixo?

[10] Ou certamente não estaria fazendo tal afirmação por nossa causa? É evidente que é em nosso favor que esse princípio foi escrito. Pois “o lavrador quando ara a terra, e o debulhador quando tira as cascas das sementes, deve fazê-lo na esperança de participar dos resultados da colheita”.

[10]Ngaba asiqukwa na nathi? Ngokuphandle âbhalelwa thina la mazwi. Kaloku umlimi ulima ngethemba, nalowo ubhulayo ubhula ngethemba lokuba nesabelo.

11 Se nós semeamos entre vós verdades espirituais, seria pedir muito colhermos alguns de vossos bens materiais?

12 Se outros têm o direito de ser sustentados por vós, seguramente não o temos nós em maior medida? Contudo, jamais fizemos uso desse direito. Ao contrário, suportamos tudo para não colocar qualquer tipo de obstáculo ao progresso do Evangelho de Cristo.

13 Não sabeis vós que os que prestam serviços sagrados se alimentam com o que pertence ao templo, e que os que servem diante do altar participam do que é oferecido no altar?

14 Assim, o Senhor também ordenou aos que proclamam o evangelho, que igualmente vivam do evangelho!

O desinteresse e fervor de Paulo. O atleta cristão

15 Todavia, eu não tenho me servido de nenhum desses direitos. Não estou escrevendo na expectativa de que façais dessa forma para comigo; porquanto, melhor me fora morrer a permitir que alguém me prive desta minha honra.

16 Porém, quando prego o evangelho, não vejo como me orgulhar, pois a mim é imposta a obrigação de proclamar. Ai de mim se não anunciar o Evangelho!

17 Porquanto, se prego de espontânea vontade, tenho direito a recompensa; entretanto, como prego por obrigação, estou simplesmente cumprindo uma missão a mim confiada.

18 Qual é, portanto, a minha recompensa? Tão somente esta: que anunciando o

11Sahlwayela imbewu kaMoya phakathi kwenu. Nimangaliswa yintoni ke sakulindela inkxaso kuni?

12Ukuba abanye banelungelo lokulindela iziqhamo ezinjalo kuni, alingaphezulu na ke elethu ilungelo? Ke thina asenzanga nto ngeli lungelo. Koko sisuke sanyamezela nayiphi na imeko endaweni yokuba sibe yimiqobo ethintela ukuhanjiswa kweendaba ezimnandi ezingoKrestu.

13Anazi na ukuba abo basebenza endlwini kaThixo baphila kwayiyo, baze abo benza amadini eqongeni lamadini bafumane isabelo kuloo madini?

14Ngokunjalo ke iNkosi iyalele ukuba abo bashumayela iindaba ezimnandi zikaThixo baphile zizo.

15Kodwa ke mna andikawabangi la malungelo, futhi ke nokubhala oku andizami kubanga wona. Hayi, ndixolele ukufa endaweni yokwenjenjalo! Akukho namnye uza kulijika ilungelo lam lokuqhayisa, alenze amazwi alambathayo.

16Nokuba ndiyashumayela, andinalungelo lakuqhayisa ngaloo nto. Kaloku ndithunywe ukushumayela. Ngoko ke kungayinto embi gqitha xa ndingazishumayeli iindaba ezimnandi.

17Ukuba bendisebenza ndingathunywanga, bendingade ndilindele umvuzo. Kodwa ke ngoku ndisebenza kuba ndinyanzelekile. Ngoko ke ndifezekisa into elindelekileyo ukuba ndiyenze.

18Uyintoni ke umvuzo wam? Lilungelo lokuba ndizishumayele iindaba ezimnandi

evangelho, eu o apresente gratuitamente, não usando, assim, dos meus direitos de pregá-lo.

19 Porque, embora seja absolutamente livre de todos, fiz-me escravo de todos, para ganhar o maior número possível de pessoas.

20 Tornei-me judeu para os judeus. Para os que estão subjugados pela Lei, tornei-me como se estivesse igualmente sujeito à Lei, embora eu mesmo não esteja debaixo da Lei, com o objetivo de ganhar aqueles que estão dominados pela Lei.

21 Para os que estão sem Lei, tornei-me como sem lei vivesse , a fim de ganhar os que não têm a Lei.

22 Para os fracos, tornei-me semelhantemente fraco, para ganhar os fracos. Fiz-me tudo para com todos, com a finalidade de conseguir, de qualquer maneira possível, salvar alguns.

23 Faço tudo isso por causa do Evangelho, a fim de me tornar co-participante dele.

24 Não sabeis que entre todos os que correm no estádio, na verdade, somente um recebe o grande prêmio? Correi de tal maneira que o alcanceis!

25 Todos os que competem nos jogos se submetem a um treinamento rigoroso, e isso, para obter uma coroa que logo se desvanece; no entanto, nós nos dedicamos

ndingahlawulisi, ndingawabangi amalungelo am ngokushumayela iindaba ezimnandi.

19Ndikhululekile; kodwa naxa kunjalo ndizenza isicaka sabantu bonke, ukuze ndizuze babe baninzi kangangoko kunokwenzeka.

20Xa ndisebenza namaJuda, ndiziphatha njengawo, ukuze ndiwazuze. Nangona mna ngokwam ndingekho phantsi komthetho kaMosis, ndiziphatha ngathi ndiphantsi kwawo xa ndisebenza nâbo baphantsi kwawo, ukuze ndibazuze.

21Kwangaloo ndlela, xa ndiphakathi kweentlanga ezingekho phantsi komthetho kaMosis, ndiziphatha njengazo. Le nto ke ayithethi kuthi andiwuthobeli umthetho kaThixo, kuba eneneni ndiphantsi komthetho kaKrestu.

22Xa ndiphakathi kwabantu abasephantsi kwesithethe ndiba njengabo, ukuze ndibazuze. Ngoko ke ndiba zizinto zonke kubantu bonke, ukuze ndiyisindise inxalenye yabo xa kunokwenzeka.

23Le nto xa iyonke ndiyenza ngenxa yeendaba ezimnandi, khon' ukuze ndibe nenxaxheba kwiintsikelelo ezifumaneka ngenxa yazo.

24Nani niyazi ukuba kukhuphiswano lweembaleki baba baninzi abazigqatsayo, kodwa mnye kuphela kubo ozuza imbasa. Nani ke balekelani ukuze nifumane imbasa.

25Nabani na ozigqatsayo kukhuphiswano uba phantsi kwengqeqesho engqongqo. Le nto uyayinyamezela khon' ukuze afumane isithsaba esibunayo. Kodwa thina siyenza siza kuzuza isithsaba esingagugiyo.

para ganhar uma coroa que dura eternamente.

26 Portanto, não corro como quem corre sem alvo, e não luto como quem apenas soca o ar.

27 Mas esmurro o meu próprio corpo e faço dele meu escravo, para que, depois de haver pregado aos outros, eu mesmo não venha a ser reprovado.

26Yiloo nto endenza ndithi ngqo, ndisukele ukuya kufika entanjeni. Ikwayiloo nto endenza ndifane nembethi-manqindi engachithi xesha ngokubetha umoya.

27Ndiwuphatha gadalala umzimba wam, ndiwuqhelisa, ukuze uhlale ulawuleka; hleze ndithi ndakuba ndibashumayezile abanye, mna ngokwam ndingamkeleki.

1 Coríntios 10

Não devemos tentar a Cristo, como alguns dos israelitas o tentaram

1 Portanto, irmãos, não quero que ignoreis que nossos antepassados estiveram todos debaixo da nuvem e todos passaram pelo mar.

2 Em Moisés, todos eles foram batizados na nuvem e no mar.

3 Todos comeram do mesmo alimento espiritual,

4 e todos beberam da mesma bebida espiritual, porque tinham a sede saciada pela rocha espiritual que os acompanhava, e essa rocha era Cristo.

5 Entretanto, Deus não se agradou da maioria deles; e, por isso, seus corpos ficaram espalhados pelo chão do deserto.

6 Esses fatos ocorreram como exemplo para nós, a fim de que não cobicemos o que é ruim, como eles fizeram.

7 Não vos torneis idólatras, como alguns deles foram, conforme está escrito: “O povo se assentou para comer e beber, e levantou-se para se entregar à orgia.

1 KwabaseKorinte 10

Isilumkiso mayela nezithixo

1Kaloku, mawethu, yikhumbuleni into eyabehlelayo ookhokho bethu ababekhokelwa nguMosis. Xa bebonke babekhuselwe lilifu, baza basinda baluwela uLwandle oluBomvu.

2Ukungena kwabo kwelo lifu nokuwela kwabo ulwandle kwaba bubungqina bokuba bangabalandeli bakaMosis.

3Bonke batya ukutya koMoya,

4baza basela isiselo soMoya. Babesela kwelo liwa likaThixo lalisoloko likho. Lona ke iliwa elo lalatha uKrestu.

5Kodwa ke nangoko uThixo akaneliswanga luninzi lwabo, ngenxa yaloo nto ke izidumbu zabo zathi saa entlango.

6Ngoku ke zonke ezi zinto ziyimizekelo kuthi ukuze singanqweneli izinto ezimbi njengabo,

7futhi singanquli izithixo njengoko yênzayo inxalenye yabo. Kaloku iziBhalo zithi: “Abantu bahlala phantsi batya basela, baza baphakama badlala.”

8 Não nos entreguemos à imoralidade, como alguns deles assim agiram – e num só dia morreram cerca de vinte e três mil.

9 Não devemos pôr à prova a paciência de Cristo, como alguns deles fizeram, e por isso foram mortos pelas serpentes.

10 E não vos entregueis à murmuração, como alguns deles resmungaram e foram mortos pelo destruidor.

11 Tudo isso lhes aconteceu como exemplo, e foi escrito como advertência para nós sobre quem o final dos tempos já chegou!

12 Assim, aquele que julga estar firme, cuide-se para que não caia.

13 Não vos sobreveio tentação que não fosse comum aos seres humanos. Mas Deus é fiel e não permitirá que sejais tentados além do que podeis resistir. Pelo contrário, juntamente com a tentação, proverá um livramento para que a possais suportar.

A idolatria e o culto de demônios

14 Por isso, meus amados irmãos, fugi da idolatria.

15 Falo isso a pessoas sensatas; julgai vós mesmos o que estou afirmando.

16 Não é verdade que o cálice da bênção que abençoamos é a comunhão do sangue de Cristo? Acaso o pão que partimos não é nossa participação no Corpo de Cristo?

17 Como há somente um pão, nós, que somos muitos, somos um só corpo, pois todos participamos de um único pão.

8 Masingarheletyi njengokuba babesenjenjalo abanye babo, kwaza ngamini-nye kwafa amawaka angamashumi amabini anesithathu.

9 Masingamlingi uKrestu njengokuba babesenjenjalo abanye babo, baza babulawa ziinyoka.

10 Musani ukukrokra njengoko babesenjenjalo abanye babo, waza uThixo wabatshabalalisa.

11 Zonke ezi zinto zabahlelayo ziyimizekelo. Zabhalelwa ukuba zibe sisilumkiso kuthi, thina sidla ubomi kumaxesha okugqibela.

12 Nabani na ozicingela ukuba umile makalumke angawi.

13 Nasiphi na isilingo esikuhlelayo siyinto eqhelekileyo emntwini. Yena ke uThixo, ngokuba ethembekile, akayi kukuyekela ulingwe ngokungaphezu kwamandla akho. Hayi, wosuka akuvulele ikroba lokuphuncula, ukuze ube nako ukunyamezela.

14 Nani ke, zihlobo zam, kucezeleni ukunqula izithixo.

15 Ndithetha nani njengabantu bengqiqo, ngoko ke yicaluleni ngokwenu le nto ndiyithethayo kuni.

16 Xa sidumisa uThixo ngokuthatha indebe engumqondiso weentsikelelo zakhe, ngaba loo nto ayithethi kuthi sinenxaxheba kwigazi likaKrestu? Khona xa siqhekeza isonka, ngaba loo nto ayithethi kuthi sinenxaxheba kumzimba kaKrestu?

17 Kuba kaloku sinye qha isonka; nathi nangona sibaninzi nje, simzimba mnye, kuba sonke sabelana ngeso sonka sinye.

[18] Observai o povo de Israel: porventura os que comem dos sacrifícios não são participantes do altar?

[19] Sendo assim, o que estou querendo dizer? Será que o sacrifício oferecido a um ídolo significa alguma coisa? Ou o ídolo tem algum valor?

[20] Não! Quero enfatizar que o que os pagãos sacrificam é oferecido, isto sim, aos demônios e não a Deus. E não quero que tenhais qualquer comunhão com os demônios.

[21] Não podeis beber do cálice do Senhor e do cálice dos demônios. Não podeis participar da mesa do Senhor e da mesa dos demônios.

Liberdade e amor cristãos

[22] Ou desejamos provocar os ciúmes do Senhor? Porventura somos mais fortes do que Ele?

[23] Sim, "tudo é permitido", porém nem tudo é proveitoso. Sim, "todas as coisas são lícitas", contudo nem todas são edificantes.

[24] Ninguém deve buscar o seu próprio bem, mas o bem dos seus próximos.

[25] Comei de tudo o que se vende no mercado, sem questionamentos por causa da consciência,

[26] porquanto "do Senhor é a terra e tudo o que nela existe".

[27] Se, portanto, algum descrente vos convidar para uma refeição e quiserdes ir,

[18]Khanikhe nicinge ngenkqubo yamaJuda. Abo balityayo idini baba nodlelwano noThixo, lo lenzelwa yena eqongeni lamadini.

[19]Ngaba ke ndithetha ukuthini? Ngaba ndithi makube kukho nto siyiyo isithixo? Okanye makube ndithi idini elenzelwa sona liba yinto enexabiso?

[20]Hayi, anditsho. Ndithi amadini enziwa ziintlanga akenzelwa Thixo, enzelwa iindimoni. Yaye andifuni nibe nanxaxheba neendimoni.

[21]Aninako ukusela indebe yeNkosi, niphinde nisele eyeendimoni, ningenakuthatha nxaxheba esithebeni seNkosi, ze niphinde nibe nenxaxheba nakweseendimoni.

[22]Makube sifuna iNkosi ikhwelete? Sinamandla thina kunayo kakade?

[23]"Sivumelekile ukwenza nayiphi na into," kukho abatshoyo. Ewe kunjalo kambe, kodwa azilunganga zonke izinto. Ewe: "Sivumelekile ukwenza nayiphi na into," kodwa izinto azakhi zonke.

[24]Makungabikho bani ufuna ukulungelwa yedwa; elowo makakhathalele nokwabanye.

[25]Ningatya nantoni na eniyithenge esilarheni, ningazidubanga ngakuziphengulula sazela ngemibuzo,

[26]kuba, njengoko zitshoyo iziBhalo: "Ihlabathi leleNkosi nako konke okukulo."

[27]Ukuba nimenywa ngumntu ongelokholwa, nize isimemo eso nisamkele, yityani into ebekwe phambi kwenu,

comei de tudo que vos for servido, sem nada questionar por motivo de consciência.

[28] Mas, se alguém vos prevenir: “Isto foi oferecido em sacrifício”, nesse caso, não comais, por causa daquele que vos avisou e por motivo de consciência.

[29] Não me refiro à vossa própria consciência, mas da consciência da outra pessoa. Pois, por que a minha liberdade deve ser julgada pela consciência dos outros?

[30] Se participo da refeição com ação de graças, por que sou condenado por algo pelo qual posso dar graças a Deus?

[31] Assim, seja comendo, seja bebendo, seja fazendo qualquer outra coisa, fazei tudo para a glória de Deus.

[32] Não vos torneis motivo de tropeço nem para judeus, nem para gregos, nem para a Igreja de Deus.

[33] Também eu procuro agradar a todos, de todas as maneiras possíveis. Porquanto não estou em busca do meu próprio bem, mas procuro o bem de muitos, para que sejam salvos.

1 Coríntios 11

[1] Sede meus imitadores, como eu o sou de Cristo!

Como as mulheres devem apresentar-se na igreja

[2] Eu vos elogio porquanto em tudo vos lembrais de mim, e vos tendes apegado fielmente às tradições que vos transmiti.

[3] Entretanto, desejo que entendais que Cristo é o Cabeça de todo homem; o homem,

ningazidubi ngokuphengulula isazela ngemibuzo.

[28]Kodwa ukuba kukho onithele thsuphe ukuba nitya ukutya kwedini, musani ukukutya ke oko kutya, ngenxa yalowo unixeleleyo, nangenxa yesazela.

[29]Anditsho esenu, ndixela esakhe. “Ke, ingathini inkululeko endinayo yokuzikhethela into emandiyenze ukulawulwa sisazela somnye umntu?” Ubani angabuza atsho,

[30]aqhube ngelithi: “Ukuba ndiyambulela uThixo ngesabelo sam esidlweni, ndisagxekelwani ngokutya endimbulela ngako uThixo?”

[31]Nokuba ke nenza ntoni na, nokuba niyatya, nokuba niyasela, yenzelani udumo lukaThixo.

[32]Ziphatheni ngohlobo lokuba ningaphazamisi bani, nokuba ngumJuda, nokuba ngumGrike, nokuba ngowebandla likaThixo.

[33]Xelisani mna, mna ndizama ukwanelisa wonke ubani ngento endiyenzayo. Andenzeli kulungelwa kwam phofu, koko ukulungelwa komntu wonke, ukuze bonke basindiswe.

1 KwabaseKorinte 11

[1]Hambani ekhondweni lam, njengoko mna ndihamba ekhondweni likaKrestu.

Ukugquma intloko enkonzweni

[2]Ndiyanincoma ngokusoloko nindikhumbula, nizigcina nezithethe endininike zona.

[3]Kambe ke ndifuna nicacelwe kukuba njengoko uKrestu ongamele indoda nganye,

o cabeça da esposa; e Deus, o cabeça de Cristo.

4 Todo homem que ora ou profetiza com a cabeça coberta desonra a sua cabeça;

5 e toda mulher que ora ou profetiza com a cabeça descoberta desonra a sua cabeça, pois é como se estivesse com a cabeça rapada.

6 Assim, se a mulher não cobre a cabeça, então deveria cortar também o cabelo. Se, no entanto, é vergonhoso para a mulher cortar o cabelo ou raspar a cabeça, então ela deve cobrir a cabeça.

7 O homem, contudo, não deve cobrir a cabeça, visto que ele é a imagem e a glória de Deus, mas a mulher é a glória do homem.

8 Porquanto o homem não se originou da mulher, mas sim a mulher do homem;

9 além disso, o homem não foi criado por causa da mulher, mas sim a mulher por causa do homem.

10 Por essa razão e por causa dos anjos, a mulher deve ter sobre a cabeça um sinal de autoridade.

11 No Senhor, todavia, nem a mulher é independente do homem nem o homem é independente da mulher.

12 Porque, assim como a mulher veio do homem, assim também o homem nasce da mulher, mas tudo provém de Deus!

yindoda eyongamele umkayo, nanjengoko uKrestu onganyelwe nguThixo.

4Ngoko ke indoda ethandazayo okanye eshumayelayo enkonzweni ithwele into entloko, iyamhlaza uKrestu.

5Kwaye nawuphi na umfazi othandazayo okanye oshumayelayo enkonzweni, engathwele nto entloko, uyayihlaza indoda yakhe; loo mfazi akahluke nganto kumfazi onenkqayi!

6Ukuba akathwali nto, makasuke agugule intloko kube kanye. Njengoko kulihlazo ukuba umntu obhinqileyo achetywe okanye abe nenkqayi, umfazi ke makathwale.

7Akukho mfuneko yokuba ithwale indoda, kuba ibonakalisa umfanekiso nesidima sikaThixo. Umfazi ke liqhayiya lendoda yakhe.

8Kaloku asiyondoda eyathathwa emfazini, ngumfazi owathathwa endodeni ukudalwa kwakhe.

9Asiyondoda eyadalwa ngenxa yomfazi, ngumfazi owadalwa ngenxa yendoda.

10Ngoko ke, ngenxa yokuhlonela imilowo yakwaThixoumfazi makathwale.

11Kanti ke akukho namnye ungaxhomekekanga komnye kwabo badlelana noKrestu; indoda ixhomekeke emfazini, nomfazi endodeni.

12Nanjengokuba kaloku umfazi wathathwa endodeni, ngokunjalo ke nendoda izalwa ngumfazi, yaye ke bobabini bavela kuThixo owadala zonke izinto.

[13] Julgai entre vós mesmos: é apropriado a uma mulher orar a Deus com a cabeça descoberta?

[14] Não vos ensina a própria natureza que, se o homem tiver cabelos compridos, isso lhe é motivo de desonra?

[15] E que se a mulher, entretanto, tiver cabelos compridos, isso é para ela uma glória? Pois os cabelos compridos lhe foram outorgados como se fosse um manto.

[16] Contudo, se alguém deseja fazer desse assunto uma polêmica, nós não temos esse procedimento, nem as igrejas de Deus.

Dissensões nas ceias de irmãos. O modo de celebrar a Santa Ceia do Senhor

[17] Apesar de tudo, não vos elogiarei quanto à instrução que passo a vos dar agora, porquanto as vossas reuniões produzem mal e não bem!

[18] Em primeiro lugar, porque ouço dizer que há divisões entre vós quando vos reunis como igreja; e até certo ponto acredito que isso esteja ocorrendo.

[19] Todavia, se faz necessário que haja divergências entre vós, para que os aprovados se tornem conhecidos em vosso meio.

[20] Pois, quando vos reunis como igreja, não é para comer a Ceia do Senhor.

[21] Porque, quando comeis, cada um toma antes a sua própria ceia sem esperar pelos outros. E, dessa maneira, enquanto um fica com fome, outro se embriaga.

[22] Será que não tendes casas onde podeis comer e beber? Ou, de fato, desprezais a

[13]Zahlululeleni ngokwenu ke! Kufanelekile na ukuba umntu obhinqileyo athandaze enkonzweni engathwele nto entloko?

[14]Indalo ngokwayo yalatha ukuba zilihlazo endodeni iinwele ezinde;

[15]kodwa zilibhongo lomntu obhinqileyo. Kaloku wazinikwa iinwele ezinde ukuze zimgqume.

[16]Kodwa ke ukuba kukho ofuna ukuwuphika lo mbandela, ndingasuka ndithi, mna kwanalo ibandla likaThixo, akukho siko limbi sinalo thina enkonzweni.

Isidlo seNkosi

(Mat 26:26-29; Marko 14:22-25; Luka 22:14-20)

[17]Nantsi indawo endingenakunincoma ngayo: ezintlanganisweni zenu anihlanganeli kwakhana, koko nisuka none.

[18]Ndawo yokuqala, ndivile ukuba kwezi nkonzo zenu nahluka-hlukene, ibe ke ndiyaqonda ukuba loo nto ngahle ibe injalo.

[19](Kambe yona iyantlukwano ilindelekile, ukuze kucace abo basendleleni nabo banxaxhayo.)

[20]Ukuhlangana kwenu enkonzweni anihlanganeli kwenza umthendeleko weNkosi

[21]kuba omnye uzityela yedwa, baze abanye basale belambile ngeli lixa abanye benxila.

[22]Aninamakhaya apho ningatya nisele khona? Mhlawumbi ngaba nilidelile ibandla

Igreja de Deus, humilhando os que nada possuem? Que vos direi? Acaso vos elogiarei por isso? Certamente que não vos elogio por essas atitudes!

likaThixo, nihlaza abo basweleyo nje? Nilindele ukuba ndithini ngale nto? Ngaba nilindele ukuba ndinincome? Nakanye!

23 Pois eu recebi do Senhor o que também vos entreguei: que o Senhor Jesus, na noite em que foi traído, tomou o pão

23Kaloku le mfundiso ndaninika yona, mna ndayamkela kuyo iNkosi: Le yokuba iNkosi uYesu ngobusuku eyanikelwa ngabo yathatha isonka,

24 e, logo após haver dado graças, o partiu e disse: "Isto é o meu corpo que é dado por vós. Fazei isto em memória de mim.

24yabulela yasiqhekeza, yathi: "Ngumzimba wam lo; thathani. Ze nenjenje ke ukundikhumbula."

25 Do mesmo modo, depois de comer, Ele tomou o cálice e declarou: "Este cálice é a nova aliança no meu sangue. Fazei isto todas as vezes que o beberdes, em memória de mim".

25Kwangokunjalo yayithatha nayo indebe emva kokuba kutyiwe, yathi: "Le ndebe ingumnqophiso omtsha osungulwa ngokuphalala kwegazi lam. Ngamaxesha onke niyisela mayinikhumbuze ngam."

26 Portanto, todas as vezes que comerdes deste pão e beberdes deste cálice proclamais a morte do Senhor, até que Ele venha.

26Kuba kaloku ngamaxesha onke nisitya esi sonka, niyisela le ndebe, nivakalisa ukufa kweNkosi, ide ibuye.

27 Por esse motivo, quem comer do pão ou beber do cálice do Senhor indignamente será culpado de pecar contra o corpo e o sangue do Senhor.

27Ngoko ke lowo usityayo esi sonka, ayisele indebe yeNkosi, engafanelekanga, woba netyala ngomzimba negazi leNkosi.

28 Examine, pois, cada um a si próprio, e dessa maneira coma do pão e beba do cálice.

28Makazicikide ke ngoko ngokwakhe umntu, aze ke asitye isonka eso, ayisele nendebe leyo;

29 Pois quem come e bebe sem ter consciência do corpo do Senhor, come e bebe para sua própria condenação.

29kuba lowo utyayo asele, uzityela aziselele umgwebo ukuba akawuphicothi ngokufanelekileyo umzimba weNkosi.

30 Por essa razão, há entre vós muitos fracos e doentes e vários que já dormem.

30Lo ngunobangela wokuba babe baninzi phakathi kwenu ababuthathaka nabayimilwelwe, ngokunjalo nasebefile.

31 Contudo, se nós tivéssemos a cautela de julgar a nós mesmos, não seríamos condenados.

31Ukuba besizicikida ngeba asigwetywa;

[32] No entanto, quando somos julgados pelo Senhor, estamos sendo corrigidos a fim de que não sejamos condenados juntamente com o mundo.

[33] Portanto, meus caros irmãos, quando vos reunirdes para comer a Ceia, aguardai uns pelos outros.

[34] Se alguém tiver fome, coma em casa, para que, quando vos reunirdes, isso não seja para vossa própria condenação. Quanto às demais orientações, pessoalmente vos instruirei, assim que puder visitar-vos.

1 Coríntios 12

Acerca da diversidade de dons espirituais

[1] A respeito dos dons espirituais, não quero, irmãos, que tenhais desconhecimento.

[2] Sabeis que, quando éreis pagãos, de uma maneira ou outra, fostes fortemente atraídos para os ídolos mudos.

[3] Portanto, eu vos afirmo que ninguém que fala pelo Espírito de Deus, pode dizer: "Maldito seja Jesus!" Da mesma forma, ninguém pode declarar: "Jesus é Senhor!", a não ser pelo Espírito Santo.

[4] Existem diferentes tipos de dons, mas o Espírito é o mesmo.

[5] Existem várias formas de ministérios, mas o Senhor é o mesmo.

[6] E há diversas maneiras de atuação, mas é o mesmo Deus quem efetua tudo em todos.

[7] A cada um, contudo, é concedida a manifestação do Espírito, com a finalidade de que todos sejam beneficiados.

[32]kodwa ke sisohlwaywa nje, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singagwetywa kunye nehlabathi.

[33]Ngoko ke, mawethu, xa nihlangana esidlweni seNkosi lindanani.

[34]Ukuba kukho olambileyo, makaqale atye ekhaya, ukuze ukuhlangana kwenu kunganizeli nokugwetywa. Eminye imicimbi ndoyiphononga ndakuba ndifikile apho.

1 KwabaseKorinte 12

Izipho ezivela kuMoya oyiNgcwele

[1]Malunga nezipho zoMoya oyiNgcwele kukho izinto endifuna ukunicacisela zona, mawethu.

[2]Niyazi ukuba ngokuya nanisengabahedeni nanilawulwa niphuphuthekiswa zizithixo ezizizidenge.

[3]Ngoko ke yiqondeni into yokuba akukho bani ukhokelwa nguMoya kaThixo unokuthi: "Uqalekisiwe uYesu," futhi kungekho bani unokuvuma ukuba: "UYesu uyiNkosi," engakhokelwa nguMoya oyiNgcwele.

[4]Kukho iintlobo ngeentlobo zeziphiwo, kodwa zivela kuMoya omnye.

[5]Kukho iintlobo ngeentlobo zemisebenzi, kodwa kusetyenzelwa iNkosi enye.

[6]Kukho iintlobo-ntlobo zeziphiwo zamandla okusebenza, kodwa xa zizonke zivela kuThixo, ikwanguye nozabela ulowo nalowo.

[7]Kuthi sonke ngabanye uMoya uzibonakalisa ngendlela ethile, enenjongo yokuba sakhane.

[8] Pelo Espírito, a um é dada a palavra de sabedoria; a outro, pelo mesmo Espírito, a palavra de conhecimento.

[9] A outro, pelo mesmo Espírito, é outorgada a fé; a outro, pelo único Espírito, dons de curar;

[10] a outro, poder para operar milagres; a outro, profecia; a outro, discernimento de espíritos; a outro, variedade de línguas; e ainda a outro, interpretação de línguas.

[11] Entretanto, o mesmo e único Espírito realiza todas essas ações, e Ele as distribui individualmente, a cada pessoa, conforme deseja.

A unidade dos membros do corpo

[12] Porquanto, assim como o corpo é uma só unidade e possui muitos membros, e todos os membros do corpo, ainda que muitos, constituem um só organismo, assim também ocorre em relação a Cristo.

[13] Pois todos fomos batizados por um só Espírito, a fim de sermos um só corpo, quer judeus, quer gregos, quer escravos, quer livres; e a todos nós foi dado beber de um único Espírito.

[14] Porque também o corpo não é constituído de apenas um membro, mas de muitos.

[15] Se porventura o pé disser: “Porque não sou mão, não pertenço ao corpo”, nem por isso deixa de fazer parte do corpo.

[8]Umntu othile uMoya umnika ubulumko, aze omnye amnike ukwazi.

[9]Kwalo Moya mnye omnye umnika inzondelelo, aze omnye amnike amandla okuphilisa.

[10]Omnye umntu uMoya umnika amandla okwenza imiqondiso, aze omnye amnike amandla okushumayela, wumbi amnike ubuchule bokucalula oomoya. Omnye umnika isiphiwo sokuthetha iilwimi, aze omnye amnike isiphiwo sokutolika.

[11]Kodwa ngulo Moya mnye owenza yonke le nto; umntu ngamnye umnika isipho esahlukileyo ngokubona kwakhe.

Umzimba unamalungu amaninzi

[12]UKrestu unjengomzimba, wona unamalungu amaninzi, kodwa ube wona umnye.

[13]Ngokunjalo nathi sonke, nokuba singamaJuda okanye amaGrike, nokuba singamakhoboka okanye singabakhululekileyo, sabhaptizelwa mzimbeni mnye, nguMoya omnye; futhi sasezwa kwaloo Moya mnye.

[14]Kaloku umzimba lo awulolungu linye, ungamalungu amaninzi.

[15]Nokuba unyawo belungáthi: “Kaloku mna andisosandla, ngoko ke andingowomzimba,” loo nto ibingayi kulwenza unyawo lungabi lolungu lomzimba.

[16] E se a orelha reclamar: "Porque não sou olho, não pertenço ao corpo!", nem por isso deixa de fazer parte do corpo.

[16]Nokuba indlebe ibingasuka ithi: "Ngenxa yokuba mna ndingelilo iliso, ngoko ke andingowawo umzimba," loo nto ibingayi kuyenza ingabi lilo ilungu lomzimba indlebe.

[17] Se o corpo todo fosse olho, onde estaria a capacidade de ouvir? Se o corpo todo fosse audição, onde estaria o olfato?

[17]Ukuba ke wonke umzimba ubuliliso ngesisiva njani? Khona ukuba ubuyindlebe wonke, ngesijoja njani?

[18] Em verdade, Deus dispôs cada um dos membros no corpo, segundo a sua vontade.

[18]Kodwa ke uThixo udale amalungu ahlukeneyo emzimbeni ngokuthanda kwakhe.

[19] E, se todos fossem um só membro, onde estaria o corpo?

[19]Ukuba amalungu onke ebelilungu elinye qha, ibingàyi kuba ngumzimba loo nto.

[20] Sendo assim, há muitos membros, mas um só corpo!

[20]Kambe ke inje le nto: nakuba amalungu emaninzi nje, umzimba wona mnye.

[21] O olho não pode ordenar à mão: "Não tenho necessidade de ti!" Tampouco a cabeça pode declarar aos pés: "Não preciso de vós!"

[21]Ngoko ke iliso alinakuthi esandleni: "Andikufuni nganto;" ingenakutsho nentloko ezinyaweni ukuthi: "Andinifuni nganto."

[22] Ao contrário, os membros do corpo que parecem mais fracos são essenciais;

[22]Kusuka kuthi awona malungu angathi abuthathaka, ibe ngawona kanye singenakwenza nto engekho;

[23] e os membros do corpo que julgamos serem menos honrosos, nós mesmos os tratamos com maior honra. E os membros que em nós são vergonhosos, vestimos com decoro especial,

[23]aze wona loo malungu angawona adelekileyo, ibe ngawo kanye esiwambathisa ngokunonelela; aze amalungu ahlonitshwayo ibe ngawona acoselelwayo ukunakekelwa,

[24] enquanto os membros mais apresentáveis, dispensam qualquer tratamento especial. Todavia, Deus estruturou o corpo atribuindo maior honra aos membros que dele tinham necessidade,

[24]nto leyo ingeyomfuneko kumalungu afanelekileyo. UThixo umzimba uwakhe ngohlobo lokuba amalungu adelekileyo ibe ngawona ahlonitshwayo.

[25] a fim de que não haja divisão no corpo, mas sim que todos os membros tenham igual dedicação uns pelos outros.

[25]Ngoko ke akukho kubukulana emzimbeni – asuka amalungu onke ilelo linyamekele elinye.

[26] Desse modo, quando um membro sofre, todos os demais sofrem com ele; quando um membro é honrado, todos os outros se regozijam com ele.
[27] Ora, vós sois o Corpo de Cristo, e cada pessoa entre vós, individualmente, é membro desse Corpo.
[28] Assim, na Igreja, Deus estabeleceu alguns primeiramente apóstolos; em segundo lugar, profetas; em terceiro, mestres; em seguida, os que realizam milagres, os que têm dons de curar, os que têm dom de prestar ajuda, os que têm dons de administração e os que falam diversas línguas.

[29] Acaso são todos apóstolos? São todos profetas? Ou são todos mestres? Todos têm o dom de realizar milagres?

[30] Todos têm dons de curar? Falam todos em línguas? Todos as interpretam?

[31] Contudo, buscai com zelo os melhores dons.

1 Coríntios 13

A suprema excelência do amor

[1] E agora, passo a vos mostrar um caminho ainda muito mais excelente. Ainda que eu fale as línguas dos seres humanos e dos anjos, se não tiver amor, serei como o sino que ressoa ou como o prato que retine.

[2] Mesmo que eu possua o dom de profecia e conheça todos os mistérios e toda a ciência,

[26]Xa sukuba elinye lisifa, onke amanye amalungu avelana nalo; kuthi lakunikwa imbeko, onke amanye avuyisane nalo.

[27]Ningumzimba kaKrestu ke xa ninonke nina; elowo kuni lilungu laloo mzimba.

[28]UThixo ebandleni lakhe unocwangco: Kuqala ngabathunywa, kulandele abashumayeli, kuze abefundisi; emva kwabo ibe ngabenza imiqondiso, ibe ngabanegunya lokuphilisa, abancedisi, abakhokeli, nabathetha iilwimi.

[29]Àbangobathunywa bonke aba, bengengobashumayeli bonke, bengengabo nabefundisi bonke. Asingabo bonke abanegunya lemiqondiso,
[30]ingengabo bonke nabanegunya lokuphilisa, bengathethi zilwimi bonke, bengatoliki bonke.
[31]Ke kaloku langazelelani ezona zipho zibalaseleyo.

Uthando

Ngaphezu koko, nantsi ke eyona ndlela izigqwesa zonke:

1 KwabaseKorinte 13

[1]Ewe kambe, ndingade ndibe liciko lokuthetha iilwimi zabantu, ndide ndithethe nezezithunywa zezulu – kodwa ndingenalo uthando, intetho yam isuka ibe yingxolo nje, efana neyentsimbi ehlokomayo, necangci elikhenkcezayo.
[2]Ndingade ndibe naso nesiphiwo sokushumayela ngefuthe, ndinalo lonke ulwazi, ndizazi nezinto ezingàziwa mntu,

e ainda tenha uma fé capaz de mover montanhas, se não tiver amor, nada serei.

3 Mesmo que eu dê aos necessitados tudo o que possuo e entregue o meu próprio corpo para ser queimado, se não tiver amor, todas essas ações não me trarão qualquer benefício real.

4 O amor é paciente; o amor é bondoso. Não inveja, não se vangloria, nem é arrogante.

5 Não se porta de maneira inconveniente, não age egoisticamente, não se enfurece facilmente, não guarda ressentimentos.

6 O amor não se alegra com a injustiça, pois sua felicidade está na verdade.

7 Tudo sofre, tudo crê, tudo espera, tudo suporta.

8 O amor jamais morre; todavia, as profecias deixarão de existir, as línguas cessarão, o conhecimento desaparecerá.

9 Porquanto em parte conhecemos e em parte profetizamos;

10 quando, no entanto, chegar o que é perfeito, o que é imperfeito será extinto.

11 Quando eu era criança, pensava como menino, sentia e falava como menino. Quando cheguei à idade adulta deixei para trás as atitudes próprias das crianças.

12 Agora, portanto, enxergamos apenas um reflexo obscuro, como em um material polido; entretanto, haverá o dia em que

ndinalo nokholo olugungqisa iintaba, kodwa ndingenalo uthando, andinto konke!

3Ewe, nokuba ndinganikisa ngempahla yam yonke, ndide nam ngokwam ndizinikele ukuba nditshiswe, kodwa ke ndingenalo uthando, akuncedi nto konke-konke.

4Uthando lunomonde, lunobubele. Uthando alunamona, alugwagwisi, lungakhukhumali.

5Uthando alugezi, alufuni okukokwalo, alunachuku, alunanzondo.

6Uthando aluvuyiswa bububi, luvuyiswa yinyaniso.

7Uthando aluncami; lukholwa izinto zonke, luthemba izinto zonke, lunyamezela izinto zonke.

8Uthando alupheli. Zikho zona iintshumayelo ezinefuthe, kodwa ziyatshitsha. Zikho neziphiwo zokuthetha iilwimi, kodwa nazo ziyabhanga. Kukwakho nokwazi, kodwa kuyadlula nako.

9Kaloku ezi ziphiwo sinazo zokwazi nokushumayela azigqibelelanga.

10Kodwa ke xa kuthe kwafika oko kugqibeleleyo okungagqibelelanga kuya kuphuthiswa konke.

11Xeshikweni bendingumntwana, bendithetha njengomntwana, ndicinga njengomntwana, ndinezimvo zobuntwana; njengoko ke ndimdala, ndahlukene ngoku neendlela zobuntwana.

12Into esiyibonayo ngoku yimbonakalo nje eluzizi ngokungathi sikhangele esipilini; kanti ke ngoko siya kubona ngokucacileyo.

veremos face a face. Hoje, conheço em parte; então, conhecerei perfeitamente, da mesma maneira como plenamente sou conhecido.

13 Sendo assim, permanecem até o momento estes três: a fé, a esperança e o amor. Contudo, o maior deles é o amor!

Ukwazi kwam ngoku akugqibelelanga, kanti ke ndokwazi kakuhle ngoko, kufane nokundazi kwakhe uThixo ukwazi kwam.

13Ngalinye ke, zintathu izinto eziya kuhlala zihleli: lukholo, nethemba, nothando. Engaphezu kwazo zonke ke luthando.

1 Coríntios 14

O dom de profecia é superior ao de línguas

1 Segui o caminho do amor e exercei com zelo os dons espirituais; contudo, especialmente o dom de profecia.

2 Porquanto quem se expressa em uma língua estranha, não fala aos homens, mas a Deus. De fato, ninguém o compreende, pois em espírito fala mistérios.

3 Entretanto, quem profetiza o faz claramente para edificação, encorajamento e consolação de todas as pessoas.

4 Quem fala em uma determinada língua a si mesmo se edifica, mas quem profetiza edifica a Igreja.

5 Gostaria que todos vós falásseis em línguas, todavia, muito mais que profetizásseis. Quem profetiza é maior do que aquele que fala em línguas, a não ser que as interprete para que toda a comunidade receba a palavra que edifica.

6 Portanto, irmãos, se eu for até vós falando em línguas, que benefício vos trarei, se não vos falar por intermédio de revelação, ou de conhecimento, ou de profecia, ou, ainda, de ensino?

1 KwabaseKorinte 14

Izipho zoMoya oyiNgcwele kwakhona

1Ngoko ke langazelelani uthando, ningaziyeki phofu nezinye izipho zoMoya, ingakumbi isiphiwo sokushumayela.

2Yena othetha ngeelwimi, uthetha noThixo, akabhekisi mntwini, kuba akukho bani uyiqondayo le nto ayithethayo. Kaloku ngamandla kaMoya oyiNgcwele uthetha izinto ezibanqabeleyo abantu.

3Kodwa yena oshumayelayo uthetha nabantu; uyabakha, uyabakhuthaza ebathuthuzela.

4Lowo uthetha ngeelwimi, uzakha yena siqu; kodwa yena oshumayelayo wakha ibandla liphela.

5Bendingathandayo ukuba nithethe iilwimi xa ninonke, kodwa eyona nto ingaphezulu kukuba nibe nesiphiwo sokushumayela nonke. Lowo ushumayelayo ungaphezulu kwalowo uthetha ngeelwimi, ngaphandle kokuba lowo uthetha ngeelwimi uyatolikelwa, ukuze kwakheke ibandla liphela.

6Mawethu, kunganinceda ntoni ukuba ndithi xa ndifikile apho kuni ndithethe ngeelwimi? Nento le – ngaphandle kokuba ndiniphathele isityhilelo esivela kuThixo, ulwazi oluthile, okanye udaba olunefuthe likaMoya, kungenjalo imfundiso.

[7] Até mesmo considerando objetos sem vida, mas que produzem sons, tais como a flauta ou a harpa, como alguém poderá reconhecer a música que está sendo tocada, se os sons formados por elas não forem distintos?

[7]Nasengomeni izinto ezinjengoomaxilongo noozikatala zikhala ngokwahlukeneyo. Okanye xa kungenjalo ngubani ongayilandelayo ingoma ukuba azikhali ngokucacileyo?

[8] E mais, se a trombeta não emitir um som claro e correto, quem se preparará para a batalha?

[8]Khona, ukuba ngaba umkhalisi-sigodlo akasikhalisanga ngokucacileyo, ngubani owoyixhobela imfazwe?

[9] Da mesma maneira vós, se com a língua não pronunciardes sons que se podem entender, como se compreenderá o que dizeis? Pois estareis como que jogando palavras ao vento.

[9]Kwangaloo ndlela ke, loqondakala njani udaba eniluthethayo ngeelwimi xa ngaba alucacanga? Nakanjani na olu daba luya kuphephetheka nomoya!

[10] Realmente, há diversos idiomas no mundo; contudo, nenhum deles é sem sentido.

[10]Nakuba kukho iilwimi ngeelwimi apha emhlabeni, akukho nalunye olungenantsingiselo.

[11] Portanto, se eu não compreender o significado do que alguém está comunicando, serei estrangeiro para quem fala e tal pessoa, estranha para mim.

[11]Ukuba ke andilwazi ulwimi oluthethwayo, lowo uluthethayo uya kuba yintlanga kum, nam ndibe yintlanga kuye.

[12] Assim igualmente vós. Visto que estais desejosos por exercer os dons espirituais, procurai amadurecer naqueles que produzem edificação para todo o Corpo de Cristo.

[12]Njengokuba nikulangazelela nje ukuba nazo iziphiwo zoMoya, zamani ukubalasela kwezo zilakhayo ibandla.

[13] Sendo assim, aquele que fala em uma língua, ore para que possa interpretá-la corretamente.

[13]Umntu othetha ngeelwimi makathandazele ukufumana isiphiwo sokuzicacisa.

[14] Pois, se oro em uma língua meu espírito também ora, mas o meu intelecto fica improdutivo.

[14]Kuba xa ndithandaza ngeelwimi umoya wam uhamba nam, kodwa yona ingqiqo ayithathi nxaxheba.

[15] Diante disso, o que fazer então? Orarei com o espírito, mas ao mesmo tempo com a mente; cantarei com o espírito, mas igualmente com a razão.

[15]Mandithini ke? Mandithandaze ndawonye nomoya wam, kodwa ndithandaze ngengqiqo; mandimemelele ngomoya, futhi ndimemelele ngengqiqo.

[16] De outra forma, se louvares a Deus apenas com teu espírito, como poderá alguém que está entre os não instruídos declarar o "Amém" à tua ação de graças, visto que não entende o que dizes?

[17] É possível que estejas dando graças muito bem, mas o teu semelhante não está sendo edificado.

[18] Dou graças a Deus por falar em línguas mais do que todos vós.

[19] No entanto, na igreja, prefiro comunicar cinco palavras compreensíveis, a fim de orientar os meus semelhantes, do que falar dez mil palavras em uma língua estranha.

[20] Irmãos, não sejais infantis em vossa maneira de pensar. Porém, quanto ao mal, sede como as crianças, contudo, adultos quanto ao entendimento.

[21] Pois está escrito na Lei: "Por meio de homens de outras línguas, e por intermédio de lábios de estrangeiros, falarei a este povo, todavia, mesmo assim, eles não me ouvirão", diz o Senhor.

[22] Desse modo, as línguas são um sinal, não para os crentes, mas para os incrédulos. A profecia, entretanto, não é um sinal para os não crentes, mas para todos os cristãos.

[23] Se, portanto, toda a igreja se reunir num lugar e todos falarem em línguas, e entrarem pessoas não instruídas ou descrentes, por acaso não dirão que estais loucos?

[16]Ukuba udumisa uThixo usemoyeni, ke yena umntu nje okunye nawe, angatsho njani ukuthi: " Amen," kuloo mbulelo wakho? Akanandlela yakuthatha nxaxheba, kuba kaloku akeva.

[17]Nangona wona umthandazo wakho uvakala kuThixo, awuloncedo komnye umntu.

[18]Ndiyambulela uThixo kuba mna iilwimi ndizithetha ngaphezu kwenu nonke.

[19]Kodwa enkonzweni ndikhetha ukuthetha nokuba ngambalwa amazwi aqondakalayo, ukuze abanye bafunde, kunokuba ndenze umlembelele wento engaviwayo ndithetha iilwimi.

[20]Izimvo zenu mazingabi zezobuntwana, mawethu. Yibani ngabantwana kambe kwizinto eziphathelele ebubini, kodwa iingcinga zenu zona mazivuthwe.

[21]Kaloku eziBhalweni kuthiwa: " 'Ndiya kuthetha kwaba bantu ngabantu abantetho yimbi,' itsho iNkosi. 'Ndiya kuthetha ngeelwimi zasemzini, kunjalo nje abayi kundiva.' "

[22]Ngoko ke isiphiwo sokuthetha iilwimi sikholo ukuba sibe ngumqondiso kwabangakholwayo, ingekuko kwabakholwayo. Ke sona isiphiwo sokushumayela singumqondiso kwabakholwayo, ingekuko kwabangakholwayo.

[23]Xa lihlangene ke ibandla, waza ulowo nalowo wasuka wathetha iilwimi, kwaza kwathi kusenjalo kwafika abanye abangayiqondiyo le nto okanye abangengomakholwa, abayi kuthi niphambene?

[24] Mas, se todos profetizarem, e alguém incrédulo ou não instruído entrar, será por todos convencido de que é pecador e por todos será julgado.

[25] Os segredos do seu coração se tornarão manifestos. E assim, prostrando-se, rosto em terra, adorará a Deus, testemunhando que, em realidade, Deus está entre vós!

A necessidade de ordem no culto

[26] Portanto, qual a atitude correta, então? Ora, quando vos reunis, cada um de vós tem um salmo, ou uma mensagem de ensino, uma revelação, ou ainda uma palavra em determinada língua e outro tem a interpretação dessa língua. Tudo seja feito para a edificação da Igreja.

[27] Se alguém falar em uma língua estranha, que a falem somente dois, quando muito três, um de cada vez, e que haja quem possa interpretar.

[28] Contudo, se não houver intérprete, permaneça calado na igreja, falando consigo mesmo e com Deus.

[29] Tratando-se de profetas, falem dois ou três, e os outros julguem com zelo tudo o que foi dito.

[30] No caso de ser concedida uma revelação a alguém que está sentado, cale-se o primeiro.

[31] Porque todos podereis profetizar, cada um por sua vez, para que todos sejam orientados e encorajados.

[32] O espírito dos profetas está sujeito ao controle dos próprios profetas.

[24]Kodwa ukuba niyashumayela nonke, kuze kufike umntu nje ozihambelayo okanye umntu ongelokholwa, loo mntu uya kuziva echukumiseka ngenxa yelizwi alivayo. Onke amazwi awevayo aya kumgweba,

[25]ziphengululwe iingcinga zakhe ezifihlakeleyo, agobe amadolo amnqule uThixo, evuma ukuba ngenene uThixo ukho phakathi kwenu.

Inkqubo yebandla

[26]Lilonke ke, mawethu, ndithi: Ukuba nihlangene ngeenjongo zokunqula, yiphanani inxaxheba; omnye makathathe iculo, omnye imfundiso, wumbi avakalise isityhilelo esivela kuThixo, aze omnye ashumayele ngeelwimi, ngokunjalo ke omnye makatolike loo nto ithethwayo. Yonke into eniyenzayo mayilakhe ibandla.

[27]Ukuba nithetha ngeelwimi mababe babini okanye bangagqithi esithathwini abathethayo; nalapho ke makuthethe abe mnye ngexesha, aze ke omnye abatolikele.

[28]Kodwa ke, ukuba akukho bani ungatolikayo, lowo ubethanda ukuthetha ngeelwimi ebhekisa ebandleni makaseyeka, azithethele noThixo ngaphakathi.

[29]Ababini nabathathu bangashumayela, abanye ke bona betyise loo nto ithethwayo.

[30]Kodwa ukuba omnye kwabahleli phantsi uziva enodaba angaluthethayo, lo umileyo makahlale phantsi.

[31]Kaloku kungcono ninikane izithuba xa nishumayelayo, ukuze xa lilonke ibandla lifumane imfundiso nenkuthazo.

[32]Lowo ushumayelayo makazibambe, hleze ifuthe analo liyone intshumayelo,

[33] Porquanto Deus não é Deus de desordem, mas sim de paz. Como em todas as assembléias dos santos,

[34] as mulheres devem permanecer em silêncio nas igrejas, quando não lhes é permitido falar; mantendo-se em atitude de respeito, como também a Lei ordena.

[35] Se desejarem saber mais sobre algum ensino, questionem a seus maridos em casa; porque, para a mulher é vergonhoso conversar durante as reuniões da igreja.

[36] Porventura a Palavra de Deus teve origem entre vós? Sois vós o único povo para quem a Palavra foi entregue?

[37] Se alguém se considera profeta ou espiritual, reconheça que o que vos escrevo são mandamentos do Senhor.

[38] No entanto, se alguém não reconhece essa verdade, deixe que tal pessoa siga em sua ignorância.

[39] Concluindo, caros irmãos, aperfeiçoai com zelo o dom de profetizar e não proibais o falar em línguas.

[40] Porém, que tudo seja realizado com decência e ordem!

1 Coríntios 15

A ressurreição

[1] Irmãos, lembro-vos do Evangelho que vos preguei, o qual também recebestes e no qual estais firmes.

[2] Por meio dele também sois salvos, desde que vos apegueis com convicção à Palavra que vos anunciei; caso contrário, tendes crido em vão.

[33]kuba uThixo lo ngowenzolo, akangowombhodamo. Njengakuwo onke amabandla abantu bakaThixo,

[34]amakhosikazi makazole ezintlanganisweni. Akuvumelekanga ukuba ashumayele. Ngoko ke makalulamele umyalelo womthetho.

[35]Ukuba kukho into afuna ukuyiqonda makayibuze kubayeni bawo emakhaya. Kaloku ilihlazo into yokuba inkosikazi ithethe entlanganisweni yebandla.

[36]Ngaba ke ilizwi likaThixo laqala kuni? Okanye ngaba nini kuphela abantu elifikeleleyo kubo ilizwi likaThixo?

[37]Nabani na ozicingela ukuba ungumshumayeli okanye unesiphiwo soMoya, makaqonde ukuba le nto ndiyibhalayo inomnwe weNkosi.

[38]Ukuba akayamkeli le mfundiso, naye akamkelwa nguThixo.

[39]Ngoko ke, mawethu, kulangazeleleni ukushumayela, kodwa ningakuthinteli ukuthetha ngeelwimi.

[40]Yonke into mayenziwe ngolungelelwano nangocwangco.

1 KwabaseKorinte 15

Isiganeko sokuvuka kukaKrestu

[1]Ngoku ke, mawethu, ndithanda ukunikhumbuza ngeendaba ezimnandi zikaThixo endanishumayeza zona; ezo nazamkelayo, enimi nithe zinzi kuzo.

[2]Ludaba lukaThixo ke olo, enosindiswa ngalo ukuba nibambelele ngokuthe nkqi kulo ngale ndlela ndinishumayeza ngayo – ngele kokuba ke nafumana nakholwa lilize nje.

[3] Porquanto, o que primeiramente vos transmiti foi o que também recebi: que Cristo morreu pelos nossos pecados, segundo as Escrituras,

[4] foi sepultado e ressuscitou no terceiro dia, conforme as Escrituras,

[5] e apareceu a Pedro e depois aos Doze.

[6] Depois disso, apareceu a mais de quinhentos irmãos de uma vez, a maioria dos quais ainda vive, embora alguns já tenham adormecido.

[7] Mais tarde apareceu a Tiago, e a todos os apóstolos.

[8] E, depois de todos, apareceu igualmente a mim, como a um que nasceu fora do tempo.

[9] Pois sou o menor dos apóstolos, nem mereço ser chamado apóstolo, porquanto persegui a Igreja de Deus.

[10] Mas, pela graça de Deus, sou o que sou. E a sua graça para comigo não foi inútil; antes, trabalhei mais do que todos eles; todavia, não eu, mas a graça de Deus que vive em mim.

[11] Portanto, quer tenha sido eu, quer tenham realizado eles, é isso que pregamos e é nisso que crestes.

[12] Ora, se tem sido proclamado que Cristo ressuscitou dentre os mortos, como é

[3]Ndawo yokuqala ndazigqithisela kuni ezona ndawo ndazamkelayo, ezi zokuba uKrestu wafela izono zethu, ngokutsho kweziBhalo,

[4]nokuba wangcwatywa, nokuba wavuka ekufeni ngomhla wesithathu, ngokweziBhalo;

[5]waza wabonakala kuPetros, wabonwa nangabo bonke abathunywa abalishumi elinambini.

[6]Emva koko ubonakele ngaxesha-nye nakubalandeli bakhe abangaphezu kwamakhulu amahlanu, abasekhoyo nangoku abaninzi babo, nakuba babhubhayo nje abanye.

[7]Uphindile wabonwa nanguYakobi, wabonwa nangabathunywa xa bebonke.

[8]Ke ekugqibeleni, ngokungathi mna ndizelwe emva kwexesha, wabonwa nandim.

[9]Ke kuba mna ndingoyena uphantsi kubo bonke abathunywa, akufanele nokuba kuthiwe ndingumthunywa, kuba ndalitshutshisa ibandla likaThixo.

[10]Kodwa ngesisa sikaThixo ndiyile nto ndiyiyo, yaye nesisa andibabala ngaso uThixo andidlalanga ngaso. Ndisuke ndasebenza ukudlula bonke abathunywa, phofu ingendim, koko inguThixo osebenza ngam ngesisa sakhe.

[11]Ngoko ke nokuba ndim, nokuba ngabo, sishumayela udaba olunye; ke nina nalwamkela.

Ukuvuka kwethu kwabafileyo

[12]Njengokuba thina sishumayela ukuba uKrestu wavuka nje ekufeni, batsho njani ke

possível que alguns dentre vós afirmais que não existe ressurreição dos mortos?

13 Então, se não há ressurreição dos mortos, nem mesmo Cristo ressuscitou;

14 e, se Cristo não ressuscitou, é inútil a nossa pregação, como igualmente é improdutiva a vossa fé.

15 Pior que isso, seremos considerados falsas testemunhas de Deus, porque contra Ele testemunhamos que ressuscitou a Cristo dentre os mortos. Todavia, se é verdade que os mortos não ressuscitam, então, Ele também não ressuscitou a Cristo.

16 Porquanto, se os mortos não ressuscitam, nem o próprio Cristo foi ressuscitado!

17 E, se Cristo não ressuscitou, a vossa fé para nada serve, e continuais a viver em vossos pecados.

18 Sendo assim, também os que dormiram em Cristo estão perdidos.

19 Ora, se a nossa esperança em Cristo se restringe apenas a esta vida, somos os mais miseráveis de todos os seres humanos.

20 No entanto, em realidade, Cristo ressuscitou dentre os mortos, sendo Ele o primeiro dos frutos dentre aqueles que dormiram.

21 Porque, assim como a morte veio por um homem, da mesma forma, por um homem veio a ressurreição dos mortos.

22 Porquanto, assim como em Adão todos morrem, em Cristo todos serão vivificados.

abanye benu ukuba abafileyo abavuki ekufeni?

13Ukuba alukho uvuko lwabafileyo, noKrestu ke akazange avuke ekufeni.

14Ukuba ke uKrestu akavukanga ekufeni, ukushumayela kwethu ngamampunge, nokholo lwenu luphuthile.

15Ngaphezu koko ke nathi ngaba singamangqina amxokayo uThixo, kuba sathi umvusile uKrestu, nangona angamvusanga, ukuba kambe ngaba kuyinene ukuba abafileyo abavuki.

16Kuba, ukuba ngaba abafileyo abavuki, noKrestu ke akazange avuke ekufeni.

17Ukuba ke uKrestu akavuswanga ekufeni, ukholo lwenu ke luyalambatha – nisahleli ezonweni zenu.

18Loo nto ingathetha ukuthi loo makholwa afa emanyene neNkosi, akukho nto yawo, atshabalele.

19Ukuba ithemba lethu kuKrestu liphelela kobu bomi qha, singabona bantu balusizi kulo lonke ihlabathi.

20Kambe ke nantsi eyona nyaniso: evukile nje uKrestu ekufeni, ubahlahlele indlela abafileyo.

21Njengoko ukufa kweza ngomntu,ngokukwanjalo novuko lwabafileyo luza kwangomntu.

22Njengoko abantu bâthi ngokumanywa kwabo noAdam bafa bonke, ngokunjalo nangokumanywa kwabo noKrestu baya kuvuka bonke.

[23] Contudo, cada um por sua vez: Cristo, o primeiro; logo depois, os que são de sua propriedade na sua vinda.

[24] Então virá o fim, quando Ele entregar o Reino a Deus, o Pai, depois de ter destruído todo domínio, potestade e poder.

[25] Porque é necessário que Ele reine até que absolutamente todos os seus inimigos sejam prostrados debaixo de seus pés.

[26] E o último inimigo que será destruído é a Morte.

[27] Pois Ele "tudo sujeitou debaixo de seus pés". Porquanto, quando se afirma que "tudo" lhe foi submetido, é evidente que isso não inclui o próprio Deus, que conduziu todas as coisas à submissão de Cristo.

[28] Todavia, quando tudo lhe estiver sujeito, então o próprio Filho se submeterá àquele que todas as coisas lhe colocou aos pés, a fim de que Deus seja absolutamente tudo em todos.

[29] Se não há ressurreição, que farão aqueles que se batizam pelos mortos? Se, de maneira alguma, os mortos não ressuscitam, por qual razão então se batizam em benefício deles?

[30] De igual modo, nós mesmos, por que estamos nos expondo a perigos o tempo todo?

[31] Todos os dias enfrento a morte! E afirmo isso, irmãos, porquanto sois meu orgulho em Cristo Jesus, nosso Senhor.

[23]Kodwa ke elowo nalowo kolwakhe uluhlu: uKrestu yena ngowokuqala kubo bonke; emva koko ke abakhe baya kuvuka ngethuba lokubuya kwakhe.

[24]Kwandule ke kufike isiphelo, apho uKrestu aya kunikezela lonke ulawulo kuThixo uYise, akuba ezibhangisile zonke iindidi zezithunywa zezulu: iziphathamandla, oomagunya, kwanamandla.

[25]UKrestu kaloku umelwe kukulawula lo gama uThixo amoyisela zonke iintshaba.

[26]Olokugqibela ke utshaba oluya kubhangiswa kukufa,

[27]kuba, njengoko zitshoyo iziBhalo: "UThixo umoyisele zonke iintshaba." Kucacile ke ukuba uThixo yena akabalwa xa kusithiwa "umoyisele zonke," inguye nje kaloku omoyisele zonke iintshaba uKrestu.

[28]Xa ke zonke izinto sezilawulwa nguKrestu, uya kwandula ke yena uNyana ukungena ekulawulweni ngulowo umoyisela zonke izinto; yena ke uThixo abe ngolawula konke.

[29]Kwakho kukho abo babhaptizwa endaweni yabafi. Bathemba ukuzuza ntoni ke ngaloo nto? Ukuba ke banyanisile xa bathi akukho luvuko lwabafileyo, bebhaptizwa nje endaweni yabafi, kutheni?

[30]Khona kutheni le nto thina sizibeka emngciphekweni maxa onke?

[31]Ndihleli ndisemngciphekweni wokufa mihla le, mawethu! Ngenene le nto ndiyithetha ndiqhayisa ngani ngenxa

yebhongo endinalo ngokumanywa kwam noYesu Krestu iNkosi yethu.

32 Portanto, se foi simplesmente por razões humanas que lutei com feras em Éfeso, que lucro obtive nisso? Ora, se os mortos não ressuscitam: "comamos e bebamos, pois amanhã morreremos".

32Ukuba apha e-Efese bendisilwa namarhamncwa ngamandla obuntu nje kuphela ibingandinceda ntoni loo nto? Kodwa ke ukuba akukho kuvuka kwabafileyo "masisesisitya sisela, kuba ngomso siya kufa," ngabula saci.

33 Não vos enganeis! "As más companhias corrompem os bons costumes".

33Musani ukuphazama: "Incoko embi iyasonakalisa isimilo esihle."

34 Como justificados que sois, recobrai o bom senso e não pequeis mais; porque alguns ainda não têm conhecimento de Deus; declaro isso para vossa vergonha.

34Buyelani engqondweni nahlukane nezono. Abazani noThixo abanye benu. Loo nto ndiyithetha ukuze nidane.

35 Entretanto, é possível que alguém questione: "Como ressuscitam os mortos? E com que espécie de corpo ressurgirão?"

Umzimba wovuko

35Mhlawumbi omnye uya kubuza athi: "Bavuka kanjani na abafileyo? Bavuka benomzimba onjani na?"

36 Insensato! O que semeia não nasce a não ser que primeiro morra.

36Siyathandini, akwazi ukuba imbewu oyityalileyo ayintshuli ingakhange ife kuqala?

37 Quando semeais, não semeais o corpo que virá a ser, mas apenas uma simples semente, assim como a semente de trigo ou outra qualquer.

37Le nto uyityalayo ayisiso isithombo, kodwa yimbewu nje, nokuba yeyengqolowa okanye olunye uhlobo.

38 Mas Deus lhe dá um corpo, como determinou, e a cada espécie de semente dá seu corpo apropriado.

38Imbewu nganye uThixo uyinika isimo esiyifaneleyo ngokuthanda kwakhe.

39 Nem toda carne é da mesma espécie: os seres humanos têm uma espécie de carne, enquanto os animais possuem outra, as aves outra, e os peixes uma outra diferente.

39Inyama yezinto eziphilayo ayifani; ikho eyabantu, ikho neyezilwanyana, neyeentaka ikhona, kanti ikwakho neyeentlanzi. Xa iyonke ke ayifani.

40 Também existem corpos celestes e corpos terrestres; todavia, um é o esplendor dos corpos celestiais, e outro diferente é o brilho dos corpos terrestres.

40Ukumila nesithomo sezidalwa ezisezulwini kwahlukile. Ezasezulwini zinobuhle nesidima esisodwa, kanti nezasemhlabeni zinobuhle nesidima esahlukileyo.

[41] Um é o esplendor do sol, outro da lua, e outro ainda o fulgor das estrelas; e as estrelas diferem em luminosidade umas das outras.

[42] Assim será com a ressurreição dos mortos. O corpo que é semeado é perecível e ressuscita imperecível;

[43] é semeado em desonra, mas ressuscita em glória; é semeado em fraqueza, porém ressuscita em poder;

[44] é semeado um corpo natural, contudo ressuscita um corpo espiritual. Ora, se há corpo natural, há também corpo espiritual.

[45] Da mesma forma, está escrito: "Adão, o primeiro homem, foi feito alma vivente"; o último Adão, no entanto, é espírito vivificante!

[46] Assim, não foi o espiritual que veio primeiramente, mas sim o natural; depois dele então, chegou o espiritual.

[47] O primeiro homem foi formado do pó da terra, o segundo homem é dos céus.

[48] Os que são da terra são semelhantes ao homem terreno; os que são dos céus, ao homem celestial.

[49] Assim como obtivemos a imagem do homem terreno, receberemos de igual modo a imagem do homem celestial.

[50] Contudo, irmãos, eu vos afirmo que carne e sangue não podem herdar o Reino de Deus, nem o que é perecível pode herdar o imperecível.

[41]Ilanga linobuqaqawuli balo lodwa, nenyanga inobuqaqawuli obubodwa, kanti neenkwenkwezi zinobuqaqawuli obahlukileyo, kuba inkwenkwezi iyahluka kwenye ngokuqaqamba.

[42]Kukwanjalo ke nakuvuko lwabafileyo. Njengokuba umzimba ungcwatywa unako ukonakala, uvuka ungasenakonakala.

[43]Ungcwatywa uthobekile, uvuka unobuqaqawuli; ungcwatywa ubuthathaka, uvuka unamandla.

[44]Kungcwatywa umzimba ongowemvelo, kuvuka umzimba ongowoMoya. Njengokuba ukho nje umzimba ongowemvelo, kucacile ukuba ukho nomzimba ongowoMoya.

[45]Kuba iziBhalo zithi umntu wokuqala, uAdam, waba ngumntu odla ubomi, yena ke owokugqibela uAdam waba nguMoya odlisa ubomi.

[46]Akuqali okoMoya, kodwa kuqala okwemvelo, kuze kulandele ke okoMoya.

[47]Owokuqala umntu wenziwa ngothuli lomhlaba, ungowomhlaba; yena owesibini uMntu waphuma ezulwini.

[48]Abasemhlabeni abantu bafana naloo mntu wenziwa ngomhlaba; kanti ke abasezulwini abantu bafana naloo Mntu wavela ezulwini.

[49]Njengokuba sifuze loo mntu wenziwa ngomhlaba, ngokunjalo siya kumfuza naloo Mntu weza ephuma ezulwini.

[50]Xa nditshoyo ke, mawethu, ndithi into eyenziwe ngenyama negazi ayinakubudla ilifa ubuncwane bokulawulwa nguThixo, kwaneyonakalayo ayinakungonakali.

[51] Eis que eu vos declaro um mistério: nem todos adormeceremos, mas certamente, todos seremos transformados,

[52] num momento, num abrir e fechar de olhos, ao som da última trombeta. Porquanto a trombeta soará, os mortos ressuscitarão incorruptíveis e nós seremos transformados.

[53] Pois é impreterível que este corpo que perece se revista de incorruptibilidade, e o que é mortal, se revista de imortalidade.

[54] No momento em que este corpo perecível se revestir de incorruptibilidade, e o que é mortal, for revestido de imortalidade, então se cumprirá a palavra que está escrita: “Devorada, pois, foi a morte pela vitória!”

[55] “Onde está, ó Morte, a tua vitória? Onde está, ó Morte, o teu aguilhão?”

[56] Porquanto, o aguilhão da Morte é o pecado, e o poder do pecado é a Lei.

[57] Contudo, graças a Deus, que nos dá a vitória por intermédio de nosso Senhor Jesus Cristo!”

[58] Portanto, meus amados irmãos, permanecei firmes e que absolutamente nada vos abale. Dedicai-vos, dia após dia, à obra do Senhor, plenamente conscientes de que no Senhor, todo o vosso trabalho jamais será improdutivo.

1 Coríntios 16

As coletas para os crentes de Jerusalém

[1] Quanto à oferta para o povo de Deus, fazei vós também da mesma forma como orientei às igrejas da Galácia.

[51]Mandinazise le nto benikade ningayazi: Asiyi kufa sonke; kodwa ngesiquphe,

[52]ngephanyazo, siya kwenziwa kumila kumbi sonke, xa kukhala ixilongo lokugqibela. Kuba liya kuvakala ixilongo; abafileyo baya kuvuswa sebenemo engasenakufa, senziwe kumila kumbi sonke.

[53]Kuba le mo sikuyo yonakalayo, imelwe kukwambatha imo engonakaliyo; le mvelo ifayo, yambathe ukungafi.

[54]Xa ke le mo yonakalayo seyambethe ukungonakali, naxa le mvelo ifayo seyambethe ukungafi, iya kuzalisekiswa ke le ndawo yeziBhalo ithi: “Ukufa kubhangisiwe; ukufa kufincelelwe eloyisweni.”

[55]“Kufa luphi na uloyiso lwakho? Kufa luphi na ulwamvila lwakho?”

[56]Ulwamvila lokufa sisono; amandla esono ngumthetho.

[57]Makubulelwe ke kuThixo osinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu!

[58]Ngoko ke, mawethu athandekayo, yomelelani ningathandabuzi. Yisebenzeleni ngenkuthalo iNkosi ngalo lonke ixesha, kuba kakade ukubulaleka kwenu ngenxa yeNkosi akunakulambatha.

1 KwabaseKorinte 16

Umnikelo wokunceda amakholwa

[1]Ngokunxulumene nomnikelo wokunceda amakholwa akwaJuda,yenzani ngale ndlela ndandiwayalele ngayo amabandla aseGalati.

[2] No primeiro dia da semana, cada um de vós separe o que puder, de acordo com a sua renda, e a guarde para que não se façam coletas quando eu chegar.

[2]NgeCawe nganye umntu ngamnye makaqokelele isixa esithile semali, ngokwengeniso ayizuzileyo, asibeke bucala, ukwenzela ukuba ningaqali ukuqokelela ndakuba ndifikile.

[3] Então, quando estiver entre vós, enviarei com carta de recomendação os homens que aprovardes para levarem a vossa contribuição para Jerusalém.

[3]Ndakufika ndothuma amadoda eniwakhethileyo nina ngokwenu, ayise imali leyo eJerusalem, ndiwaphathise nencwadi yokuwazisa.

[4] Se for conveniente que eu também vá, eles me acompanharão.

[4]Ukuba kuyimfuneko ukuba nam ndiye aya kuselehamba nam.

Os projetos de Paulo. Diversas recomendações e saudações

Amalungiselelo kaPawulos

[5] Depois de passar pela Macedônia, por onde tenho de atravessar, irei até vós.

[5]Emveni kokuba ndigqithile eMakedoni, ndiya kuza kufika nalapho eKorinte. Kaloku ndiza kucanda kwelaseMakedoni.

[6] Provavelmente, eu permaneça convosco durante algum tempo, ou até mesmo passe o inverno entre vós, a fim de que possais cooperar comigo, para onde quer que eu tenha de ir.

[6]Kungenzeka ndihlale ixeshana; mhlawumbi ndingabuchithela apho kuni ubusika. Kofuneka nindixhase ke ukudlula apho kuni, noba ndiya phi na.

[7] Porquanto, desta vez, não vos quero ver apenas de passagem; pelo contrário, anelo ficar algum tempo convosco, se o Senhor o permitir.

[7]Ukuba iNkosi iyavuma, bendingàthandi kudlula nje, bendingathanda ukukhe ndibe nethutyana ndihleli nani.

[8] Contudo, permanecerei em Éfeso até o Pentecoste;

[8]Ndizimisele ukukhe ndihlale apha e-Efese ide idlule iPentekoste.

[9] porque se abriu para mim uma porta ampla e promissora; mas os inimigos são muitos.

[9]Apha kukho ithuba elihle elivulelekileyo lokusebenza, kodwa ke nenkcaso ikwankulu kangako.

[10] Caso Timóteo chegue, tomai providências para que ele não tenha nada que recear entre vós, pois ele trabalha na obra do Senhor, assim como eu.

[10]Ukuba kwenzekile uTimoti wagqitha ngapho, ze nincede nimamkele, atsho azive esekhaya. Kaloku naye usisicaka seNkosi njengam.

[11] Portanto, ninguém o despreze. Mas ajudai-o a prosseguir viagem em paz, a fim

[11]Musani ukumdela, koko mncedeni ukuze alufeze uhambo lwakhe ngoxolo, eze apha

de que ele possa retornar até mim, pois o estou esperando juntamente com os irmãos.

[12] Quanto ao irmão Apolo, insisti que fosse com os irmãos para vos visitar. Todavia, ele não quis ir agora de modo algum. Irá, porém, assim que tiver uma boa oportunidade.

[13] Vigiai, permanecei firmes na fé, portai-vos corajosamente, sede fortes!

[14] Fazei tudo com grande amor fraternal.

[15] Irmãos, sabeis que os da família de Estéfanas representam os primeiros frutos da Acaia; eles têm se dedicado ao ministério dos santos; portanto, suplico-vos agora

[16] que também vos sujeiteis aos que são como eles, assim como a todo que coopera e ministra na obra.

[17] Alegro-me com a vinda de Estéfanas, Fortunato e Acaico; pois eles supriram o que me faltava da vossa parte.

[18] Porque revigoraram o meu espírito assim como o vosso. Homens como eles são dignos de todo o vosso reconhecimento.

[19] As igrejas da província da Ásia vos enviam saudações. Áquila e Priscila vos cumprimentam fraternalmente no Senhor, assim como a igreja que se reúne na casa deles.

[20] Todos os irmãos daqui vos saúdam! Cumprimentai-vos uns aos outros com o costumeiro beijo santo!

[21] Eu, Paulo, escrevi esta saudação de próprio punho.

kum. Nam ndimlindele apha kunye namakholwa.

[12]Uwethu uApolo ndandimkhuthazile ukuba anihambele kunye namanye amakholwa, kodwa ke akakafuni kuza ngoku. Phofu ke uya kuza akulifumana ithuba.

Isiphetho

[13]Phaphani, nime zinzi elukholweni! Khaliphani, nomelele!

[14]Wonke umsebenzi wenzeni ngothando.

[15]Umzi wakwaStefano niyawazi ukuba ngowamaKrestu okuqala ukuguquka kweli laseAkaya, yaye bazinikele ekukhonzeni abantu bakaThixo. Ndiyanibongoza ke, mawethu,

[16]ukuba nibalulamele abantu abanjengabo. Ndixela nabani na osebenza abulaleke njengabo.

[17]Ukufika kukaStefano noFortunato noAkayiko, kuyandonwabisa; kaloku basivalile isikhewu sokungabikho kwenu,

[18]bandixolisa njengoko nani benixolisile. Kufuneka athathelwe ingqalelo amadoda anjengala.

[19]Ayabulisa amabandla ephondo laseAsiya. UAkwila noPrisila,kwakunye nebandla elingenela emzini wabo, bayabulisa ngokwabantu beNkosi.

[20]Ayabulisa onke amakholwa. Nani bulisanani kakuhle ngokwamakholwa.

[21]Ndiwubhala ngesam isandla lo mbuliso: Ndiyanibulisa mna Pawulos.

[22] Se alguém não ama o Senhor, seja amaldiçoado. Agora, pois, Marana tha!

[22]Nabani na ongayithandiyo iNkosi uqalekisiwe! “Marana tha” – O, Nkosi, yid' ufike!

[23] A graça do Senhor Jesus seja convosco.

[23]INkosi uYesu mayibe nobubele kuni.

[24] Recebam o amor que tenho por todos vós em Cristo Jesus. Amém!

[24]Ndinithanda xa ninonke ebudlelaneni bukaKrestu Yesu.

2 Coríntios	2 KwabaseKorinte

2 Coríntios 1

Prefácio e saudação

[1] Paulo, apóstolo de Jesus Cristo pela vontade de Deus, e o irmão Timóteo, à Igreja de Deus em Corinto, com todos os santos, em toda a Acaia;

[2] graça e paz sejam convosco, da parte de Deus nosso Pai e do Senhor Jesus Cristo.

Ação de graças de Paulo pelas consolações que Deus lhe concedeu

[3] Bendito seja o Deus e Pai de nosso Senhor Jesus Cristo, Pai das misericórdias e Deus de toda consolação,

[4] que nos consola em todas as nossas tribulações, para que também sejamos capazes de consolar os que passam por qualquer tribulação, por intermédio da consolação com que nós mesmos somos consolados por Deus.

[5] Porquanto, da mesma maneira como os sofrimentos de Cristo transbordam sobre nós, igualmente por meio de Cristo transborda a nossa consolação.

[6] Ora, se somos atribulados, é para vossa consolação e salvação; se somos consolados é, pois, para vossa consolação, a qual vos proporciona perseverança, a fim de que suporteis as mesmas aflições que nós também estamos passando.

[7] E a nossa esperança a vosso respeito está firme, visto que sabemos que sois participantes dos sofrimentos e, de igual forma, o sereis da consolação.

2 KwabaseKorinte 1

Isingeniso

[1]Kubhala mna Pawulos – endingumthunywa kaKrestu Yesu, ngokuthanda kukaThixo – kunye noTimoti uwethu. Sibhalela ibandla likaThixo eliseKorinte, nemilowo yakhe yonke kwelaseAkaya, sisithi:

[2]Wanga uThixo uBawo wethu, kunye neNkosi uYesu, anganenzela isisa, aniphe uxolo.

UPawulos ubulela uThixo

[3]Makabongwe uThixo, uyise weNkosi yethu uYesu Krestu, uBawo uSozinceba, uThixo umthombo wentuthuzelo.

[4]Yena uyasithuthuzela ezimbandezelweni zethu zonke, ukuze nathi sikwazi ukubathuthuzela abanye kwangaloo ntuthuzelo ivela kuye.

[5]Njengoko ziphuphumela kuthi iimbandezelo zikaKrestu, ngokunjalo ke, kwangaye uKrestu, iphuphumela kuni nentuthuzelo yethu.

[6]Xa sukuba thina sisiva ubunzima, loo nto ibangela ukuba nikhuthale, nto leyo iphelela elusindisweni. Naxa sukuba thina sithuthuzelwa, siyancedwa ukuze sikwazi ukunithuthuzela, khon' ukuze nizithwale ngomonde iimbandezelo ezifana nezethu.

[7]Ithemba lethu ngani aligungqi, kuba siyazi ukuba njengoko nidlelana nathi nje ngeembandezelo, nikwadlelana nathi nangothuthuzelo esilufumana kuThixo.

[8] Irmãos, não desejamos que desconheçais as tribulações que atravessamos na província da Ásia, as quais foram muito acima da nossa capacidade de suportar, de tal maneira que chegamos a perder a esperança da própria vida.

[9] De fato, já tínhamos sobre nós a sentença de morte, para que não confiássemos em nós mesmos, mas somente em Deus, que ressuscita os mortos.

[10] Ele nos livrou e seguirá nos livrando de tão horrível perigo de morte. É nele que depositamos toda a nossa fé que continuará nos livrando,

[11] contando também com a ajuda das vossas orações por nós, para que, pelo favor que nos foi concedido pela intercessão de muitos; da mesma forma, por muitos, sejam oferecidas ações de graças a nosso respeito.

Por que demorou Paulo a sua ida

[12] Esta é a nossa glória: o testemunho da nossa consciência de que temos nos conduzido no mundo, especialmente em nosso relacionamento para convosco, em santidade e sinceridade que vêm de Deus, não em sabedoria carnal, mas de acordo com a graça de Deus,

[13] pois absolutamente nada vos escrevemos além dos assuntos que ledes e bem entendeis; e espero que os compreendais de forma plena,

[14] assim como também já em parte nos compreendestes, de que somos o vosso motivo de orgulho, assim como sereis o nosso no Dia do Senhor Jesus.

[8]Mawethu, sifuna niziqonde into eziyiyo iinzima esazifumana kwiphondo laseAsiya. Sasithwele ubunzima apho, sada saphants' ukulilahla ithemba lokuphila.

[9]Sasesilibona lijinga phezu kwethu ithunzi lokufa. Loo nto yasifundisa ukuthembela kuThixo ovusa abafileyo, singazithembi thina.

[10]Wasikhulula kwezo ngxingongo zokufa, yaye usasikhulula nangoku. Ewe, aligungqi ithemba lethu lokuba usaza kusikhulula nangomso,

[11]njengoko nani nisixhasa ngokusithandazela. Ngoko ke ngenxa yobuninzi babantu abasithandazelayo, boba baninzi nabambulelayo uThixo ngenxa yesisa sakhe kuthi.

UPawulos urhoxisa utyelelo lwakhe

[12]Ibhongo lethu linye ngani: lelokuba asinasazela nganto ngokuziphatha kwethu phakathi kwabantu behlabathi, ingakumbi ke phakathi kwenu. Besinyanisekile, singahanahanisi. Besingenamaqhinga, koko besilawulwa sisisa sikaThixo.

[13]Sinibhalela ezo zinto ninokuzifunda niziqonde. Kwaye ke ngumnqweno wam ukuba ezi zinto niziqonda nganxanye

[14]nide niziqonde ngokupheleleyo. Kaloku noba nebhongo ngathi kwanjengoko nathi siya kuba nebhongo ngani ngeMini yeNkosi uYesu.

[15] Confiando nisso, e para que recebêsseis um segundo benefício, planejei primeiro visitá-los

[16] durante a viagem para a Macedônia, e de lá voltar até vós, e por vosso intermédio ser enviado à Judéia.

[17] Será que ao planejar assim, o fiz com leviandade? Ou será que, ao tomar decisões, tenho agido de forma carnal, comprometendo-me ao mesmo tempo com "sim" e "não"?

[18] Entretanto, como Deus é fiel, a nossa palavra em relação a vós certamente não é "sim" e "não" ao mesmo tempo.

[19] Porquanto, Jesus Cristo, o Filho de Deus, que entre vós foi anunciado por nós, isto é, por mim, Silvano e Timóteo, seguramente não foi um "sim" e "não", mas nele sempre existiu o "sim";

[20] Pois, tantas quantas forem as promessas de Deus, todas têm em Cristo o "sim". Por isso, por intermédio dele, o "Amém" é proclamado por nós para a glória de Deus.

[21] Ora, é Deus quem faz com que nós e vós permaneçamos firmes em Cristo. Ele nos ungiu,

[22] nos selou como sua propriedade e fez habitar o seu Espírito em nossos corações como garantia de tudo o que está por vir.

[23] Portanto, invoco a Deus por minha testemunha de que foi para vos poupar que não voltei a Corinto.

[24] Não que tenhamos domínio sobre a vossa fé, mas sim como vossos cooperadores para

[15]Kangangokuba ndandiqinisekile ngalo mbandela ndazimisela ukuba ndinityelele, ukuze nina nibe sethamsanqeni lokuba ndinihambele kabini.

[16]Kaloku ndandizimisele ukuba ndinityelele kabini, xa ndiyayo naxa ndibuyayo eMakedoni, nize ke nina nindisize kuhambo lwam oluya kwelakwaJuda.

[17]Ngaba ke ndafana ndasijika nje esi sicwangciso? Ngaba xa ndicwangcisayo ndenza nje ngokuzithandela, ndilungele ukuthi ewe okanye hayi ngokuthanda kwam?

[18]Njengokuba uThixo enyanisekile, umlomo wam kuni wawungenguye uewe nohayi ombaxa.

[19]UNyana kaThixo, uYesu Krestu lo washunyayelwa kuni nguSilas noTimoti nam,akathi ewe-hayi, hayi-ewe, ngaxesha-nye. Endaweni yaloo nto unguewe kaThixo.

[20]Unguewe kaThixo kuzo zonke izithembiso zakhe. Yiyo ke loo nto simdumisa uThixo sisithi " Amen" ngaye uYesu Krestu.

[21-22]NguThixo osizimasileyo thina nani ngokusimanya noKrestu. Ewe, nguThixo ngokwakhe osiphawuleyo wasithambisa ngoMoya oyiNgcwele ohleli kuthi osisiqinisekiso sezinto ezizayo.

[23]UThixo uyandingqinela ukuba isizathu sokuba ndingezi eKorinte yayikukwazelelela nina.

[24]Andifuni ukunintlokothisa elukholweni. Ndiyasebenzisana nani ukuze nonwabe, lube ke phofu nokholo lwenu aluhexi.

que tenhais alegria, pois é pela fé que estais firmados.

2 Coríntios 2

[1] Sendo assim, decidi que não mais iria visitá-los com tristeza.

[2] Pois, se os entristeço, quem me alegrará senão vós, a quem eu tenho entristecido?

[3] Escrevi como escrevi para que, quando eu for, não seja amargurado por aqueles que deveriam alegrar-me. Quanto a todos vós, eu estava convencido de que a minha alegria é a de todos vós.

[4] Porquanto, vos escrevi em meio a grande aflição e angústia de coração, e com muitas lágrimas, não para constrangê-los, mas para que soubessem como é profundo o amor fraternal que alimento por vós.

[5] Se um de vós tem causado tristeza, não tem entristecido somente a mim pessoalmente, mas, em parte, para não ser severo demais, a todos vós.

[6] Assim, a punição que foi imposta pela maioria a essa tal pessoa é suficiente.

[7] Agora, todavia, deveis perdoar e encorajá-lo, para que não seja dominado por amargura excessiva.

[8] Portanto, insisto convosco que confirmeis o vosso amor fraternal para com ele.

[9] Foi também por esse motivo que vos escrevi, ou seja, saber se, por meio dessa prova, seríeis obedientes em tudo.

[10] Se perdoardes alguma coisa a alguém, também eu perdôo; e aquilo que perdoei, se

2 KwabaseKorinte 2

[1]Ndandizimisele ke ukuba andiyi kuphinda ndize kuni, ndize kunenza lusizi.

[2]Kuba ndingónwatyiswa ngubani, xa ndikhathaza nina? Kaloku akukho wumbi ngaphandle kwenu!

[3]Into ke eyandibangela ukuba ndinibhalele laa leta kukuba ndandingathandi ukuviswa intliziyo ebuhlungu kwangabo bantu bamelwe kukundonwabisa. Kaloku ndiqinisekile kukuba nani niyonwaba xa ninonke ukuba mna ndonwabile.

[4]Ndanibhalela ndinexhala, ndibuhlungu, ndisezinyembezini, phofu ndingajonge ukunivisa ntw' imbi, koko ndandifuna niyiqonde kakuhle indlela endinithanda ngayo.

Ukuxolelwa kowonayo

[5]Ukuba ke kukho bani ukhathaze omnye, loo mntu akakhathazanga mna ndedwa, ngenye indlela unikhathazile nani.

[6]Isohlwayo uninzi lwenu eluvumelene ngaso sikwanele ukona kwakhe.

[7]Ngoku ke kufuneka nimxolele, nimkhuthaze, ningamyeki ade atyhafe yintlungu akuyo, aze ancame.

[8]Ndiyanibongoza, loo mntu mboniseni ukuba nimthanda ngenene.

[9]Ndanibhalela laa leta kanye ngenxa yesi sizathu: ndandifuna ukunivavanya, ndiqonde ukuba niza kusithobela na isiyalo sam.

[10]Xa sukuba nixolela umntu ngokona kwakhe, nam ndiyamxolela. Kuba mna xa

é que havia alguma falta a ser perdoada, perdoei na presença de Cristo, por amor de vós,

[11] a fim de que Satanás não tivesse qualquer vantagem sobre nós; pois não ignoramos as suas artimanhas.

[12] Quando cheguei a Trôade para pregar o Evangelho de Cristo, ainda que essa porta me tivesse sido aberta pelo Senhor,

[13] não tive plena paz em meu espírito, porque não encontrei ali meu amado irmão Tito. Por isso, me despedi deles e rumei para a Macedônia.

O caráter e os frutos do ministério de Paulo

[14] Contudo, graças a Deus, que sempre nos conduz vitoriosamente em Cristo, e por nosso intermédio exala em toda parte o bom perfume do seu conhecimento;

[15] porque para Deus somos o aroma de Cristo entre os que estão sendo salvos e mesmo para com os que estão perecendo.

[16] Para estes últimos, somos cheiro de morte para a morte, mas para aqueles outros, a boa fragrância de vida para vida. Mas quem são os que estão capacitados para essas verdades?

[17] Ao contrário de muitos pregadores, não somos mercenários da Palavra de Deus, mas anunciamos a Cristo com sinceridade, da parte de Deus e na sua presença.

ndixolela – apho sukuba kukho ndawo ndixolela umntu ngayo – ndenjenjalo ngenxa yenu egameni likaKrestu.

[11]Masingavumi ukuqhathwa nguSathana. Siwazi kakuhle kaloku amaqhinga akhe.

Ixhala likaPawulos eTrowa

[12]Ndakuba ndiseTrowa ngodaba lokuhambisa iindaba ezimnandi ezingoKrestu, ndafika apho iNkosi indenzele ithuba elihle lokusebenza.

[13]Kodwa andizange ndonwabe emphefumlweni ngenxa yokungamfumani apho uTito uwethu. Ndasuka ke ndacela indlela kubantu balapho, ndemka ndaya eMakedoni.

Ukoyisa ngoKrestu

[14]Kodwa, makabongwe uThixo! Kuba simanywe noKrestu nje, yena usoloko esikhokela kumngcelele woloyiso lwakhe. UThixo usebenzisa thina, ukuze kunwenwe ukumazi uKrestu, kugqibe yonke indawo, njengevumba elimnandi.

[15]Sinjengesiqhumiso thina esinevumba elimnandi, uKrestu asiqhumisela uThixo, ukuze sinwenwe phakathi kwabasindiswayo nâbo baya kwantshabalalo.

[16]Iphunga laso liyabarhaxa abaya kwantshabalalo; silivumba elimnandi elidlisa ubomi kwabo basindiswayo. Ke, ngaba ngubani owufaneleyo lo msebenzi unje?

[17]Thina okungenani asihambi sijikeleza sithengisa ngodaba lukaThixo njengoko besenza abaninzi. Thina bamanywe noKrestu sivakalisa udaba sinyanisekile okwezigidimi zikaThixo.

2 Coríntios 3

[1] Será que com isso estamos tentando nos recomendar novamente a nós mesmos? Será que necessitamos, como alguns, de cartas de recomendação para vós ou de vossa parte?

[2] Vós mesmos sois a nossa carta, escrita em nosso coração, conhecida e lida por todos.

[3] Vós mesmos tendes demonstrado que sois uma carta de Cristo, resultante de nosso ministério, escrita não com tinta, mas com o Espírito do Deus vivo, não em tábuas de pedra, mas em tábuas de corações humanos!

[4] E é por intermédio de Cristo que temos tamanha confiança em Deus.

[5] Não que possamos reivindicar qualquer coisa com base em nossos próprios méritos, mas a nossa capacidade vem de Deus.

[6] Ele nos capacitou para sermos ministros de uma nova aliança, não da letra, mas do Espírito; porquanto a letra mata, mas o Espírito vivifica!

[7] Com letras sobre pedras foi gravado o ministério que trouxe a morte; no entanto, esse ministério veio com tamanha glória que os filhos de Israel não conseguiam sequer fixar os olhos na face de Moisés, por causa do resplendor do seu rosto, mesmo que esse brilho estivesse se desvanecendo.

[8] Não será o ministério do Espírito muito mais glorioso?

2 KwabaseKorinte 3

Umnqophiso omtsha

[1]Ngaba ndiyawazincoma? Ngaba nam ndikwanjengabantu abathile, ndifuna iincwadi zokuzazisa ezivela okanye eziya kuni?

[2]Hayi bo! Incwadi yam nini, ibhalwe ezintliziyweni zethu, futhi iyaziwa ifundwa ngumntu wonke.

[3]Ngokucacileyo niyincwadi kaKrestu evele ngokusebenza kwam kuni. Ayibhalwanga ngeinki, koko ibhalwe ngoMoya kaThixo ophilayo; ayikrolwanga kumacwecwe elitye , koko ibhalwe kumacwecwe entliziyo.

[4]Le nto ndiyithetha kuba ndithembele ngokupheleleyo kuThixo ngenxa kaKrestu.

[5]Le nto ayithethi kuthi ndinako ukuwenza ngokwam lo msebenzi. Amandla endinawo avela kuThixo.

[6]Ikwanguye ondenze ndaba nako ukukhonza phantsi komnqophiso omtsha, ongaxhomekekanga kumthetho obhaliweyo, koko uxhomekeke kuMoya. Wona umthetho obhaliweyo uyabulala, kodwa yena uMoya uyaphilisa.

[7]Umthetho wakrolwa kumacwecwe elitye, baza ubuqaqawuli bukaThixo babonakala ukunikezelwa kwawo. Nangona ukukhanya okwakusebusweni bukaMosis kwakukokwexeshana, kwakuqaqambe kangangokuba amaSirayeli angabi nako ukumjonga. Ukuba umthetho lo wezisa ukufa wasungulwa ngobuqaqawuli obungako,

[8]kubeka phi ke ukuqaqamba kwale meko intsha isungulwa nguMoya!

[9] Ora, se o ministério que trouxe a condenação era glorioso, quanto mais ainda será o ministério que produz a justificação!

[9]Ukuba ulungiselelo olubagwebayo abantu lwaluqaqambile, ngaba lubeka phi ke ukuqaqamba ulungiselelo olubenza msulwa abantu!

[10] Porquanto o que no passado foi glorioso, agora não tem o mesmo esplendor, quando comparado com essa glória insuperável.

[10]Ngenene isihomo ebesikho kumnqophiso omdala sitshitshisiwe ngenxa yokuba ngoku sifikile isihomo esindilekileyo kunaso.

[11] E se o esplendor que estava dissipando se manifestou em glória, quanto maior será a glória do que permanece!

[11]Kaloku, ukuba nento yexeshana le yaba nesithozela, ibeka phi ke yona into ehlala ihleli!

[12] Sendo assim, visto que temos essa qualidade de fé, expressamos muita confiança.

[12]Ngenxa yokuba ke sinethemba elinje sithetha ngesibindi.

[13] Não somos como Moisés, que se cobria com um véu sobre a face para que os filhos de Israel não observassem que o resplendor em seu rosto estava se dissipando.

[13]Thina asifani noMosis. Yena wayefaka isigqubuthelo ebusweni, ukuze amaSirayeli angakuboni ukubengezela oko kude kuphele.

[14] E, por isso, a mente dos israelenses se fechou, pois até hoje o mesmo véu permanece quando é lida a antiga aliança. Não foi retirado, porquanto é somente em Cristo que ele pode ser removido.

[14]Ngenene ingqiqo yawo yayibuthuntu; phofu ke eso sigqubuthelo sisekho kwingqiqo yawo unanamhlanje xa kufundwa iincwadi zomnqophiso omdala. Esi sigqubuthelo siyasuka akuba umntu emanyene noKrestu.

[15] De fato, até nossos dias, quando Moisés é lido, um véu cobre seus corações!

[15]Unanamhlanje, nanini na umthetho kaMosis ufundwa, esi sigqubuthelo sihlala sihleli kwingqiqo yamaSirayeli.

[16] Contudo, quando alguém se converte ao Senhor, o véu é retirado.

[16]Kanti ke nanini na ebuyela eNkosini, siyasuka isigqubuthelo.

[17] O Senhor é o Espírito; e onde quer que o Espírito esteja, ali há liberdade.

[17]INkosi le ke nguMoya. Apho ke ukhona uMoya weNkosi kubakho inkululeko.

[18] Mas todos nós, que com a face descoberta contemplamos, como por meio de um material espelhado, a glória do Senhor, conforme a sua imagem estamos sendo transformados com glória crescente, na mesma imagem que vem do Senhor, que é o Espírito.

[18]Ke kaloku thina sonke, sinobuso obutyhiliweyo, ubuqaqawuli beNkosi sibubona ngokungathi kusesibukweni. Ngoko ke siyaguqulwa sifane nayo ncam, sinesidima esiya sikhula. Yonke ke le nto ivela eNkosini ekwanguMoya.

2 Coríntios 4

Jesus Cristo é o único assunto do ministério de Paulo

[1] Portanto, tendo este ministério pela misericórdia que nos foi outorgada, não desanimamos.

[2] Pelo contrário, rejeitamos os procedimentos secretos e vergonhosos; não fazemos uso de qualquer tipo de engano, nem torcemos a Palavra de Deus. Mas, por meio do claro ensino público da verdade, recomendamo-nos à consciência de todas as pessoas, perante a Deus.

[3] Contudo, se o nosso evangelho está encoberto, para os que estão perecendo é que está encoberto.

[4] O deus, desta presente era perversa, cegou o entendimento dos descrentes, a fim de que não vejam a luz do Evangelho da glória de Cristo, que é a imagem de Deus.

[5] Pois não pregamos a nós mesmos, mas a Jesus Cristo, o Senhor, e a nós mesmos como vossos servos por causa de Jesus.

[6] Porquanto foi Deus quem ordenou: “Das trevas resplandeça a luz!”, pois Ele mesmo resplandeceu em nossos corações, para iluminação do conhecimento da glória de Deus na face de Cristo.

[7] Temos, porém, esse tesouro em vasos de barro, para demonstrar que este poder que a tudo excede provém de Deus e não de nós mesmos.

2 KwabaseKorinte 4

Ubutyebi ezityeni zodongwe

[1]Ngoko ke uThixo ngenceba yakhe usinike ubizo lokumsebenzela; yiyo loo nto ke singethi mandla.

[2]Ngapha koko sisuka siyilahle imikhwa elihlazo, sibutyeshele ubuqhetseba, nelizwi likaThixo singaligqwethi. Koko sisuka siziyaleze ngokuthetha inyaniso, singafihlisi, kumntu wonke onesazela. Senjenjalo ke phambi koThixo.

[3]Kaloku ukuba iindaba ezimnandi esizishumayelayo azicacanga, koba azicacanga kuphela kwabo baya kwantshabalalo.

[4]Bona àbakholwa kaloku, kuba ingqiqo yabo yenziwe mfiliba sisigqubuthelo abasifakwe ngulo uzenza uthixo weli phakade. Silisithile kaloku esi sigqubuthelo ilitha lokukhanya kweendaba ezimnandi ezivakalisa isidima sikaKrestu, ongumceph' ucandiwe noThixo.

[5]Kakade asishumayeli thina ziqu; sishumayela ukuba uKrestu yiNkosi; thina ke sizizicaka zenu ngenxa yakhe.

[6]UThixo owathi: “Makuvele ukukhanya ebumnyameni,” usekwanguye okhanyisela iingqondo zethu, etyhila ukwaziwa kobume bakhe obubonakala kuKrestu siqu.

[7]Kambe ke obu butyebi sibuphethe ngezitya zodongwe, ukuze kucace ukuba amandla ancamisayo ngakaThixo, akangowethu.

[8] Sofremos pressões de todos os lados, contudo, não estamos arrasados; ficamos perplexos com os acontecimentos, mas não perdemos a esperança;

[9] somos perseguidos, mas jamais desamparados; abatidos, mas não destruídos;

[10] trazendo sempre no corpo o morrer de Jesus, para que a vida de Jesus, da mesma forma, seja revelada em nosso corpo.

[11] Pois nós, que estamos vivos, somos cotidianamente entregues à morte por amor a Jesus, para que a sua vida também se manifeste em nosso corpo mortal.

[12] De maneira que em nós opera a morte, entretanto em vós, a vida!

[13] Assim está escrito: "Cri, por isso declarei!" Com esse mesmo espírito de fé, nós igualmente cremos e, por esse motivo, falamos.

[14] Temos certeza de que aquele que ressuscitou o Senhor Jesus dentre os mortos, da mesma forma nos ressuscitará com Ele e nos apresentará convosco.

[15] Tudo isso é para o vosso benefício, para que a graça, que está alcançando mais e mais pessoas, faça transbordar as muitas ações de graça para a glória de Deus.

O desígnio e efeito das aflições. As coisas visíveis são contrapostas às invisíveis

[16] Portanto, não desanimamos! Ainda que o nosso exterior esteja se desgastando, o nosso interior está em plena renovação dia após dia.

[17] Pois as nossas aflições leves e passageiras estão produzindo para nós uma glória incomparável, de valor eterno.

[8]Ke, sithi sisezimbandezelweni zingasixini noko; sithingaze maxa wambi, kodwa singancami;

[9]singqingwe ziintshaba, kodwa asize singabi namhlobo; sintlithwa kanobom, singafi noko.

[10]Lonke ixesha sisoloko sithwele ukufa kukaYesu, ukuze ubomi bakhe bubonakale kuthi ziqu.

[11]Ewe, ngalo lonke ixesha sisoloko sisesichengeni sokufa ngenxa kaYesu, khon' ukuze ukudla kwakhe ubomi kubonakale ngathi bantu bafayo.

[12]Ngoko ke, kuthi kusebenza ukufa, kodwa kuni kusebenza ubomi.

[13] IziBhalo zithi: "Ndathetha kuba ndandithembele kuThixo." Nathi ke kwangaloo ndlela, sithetha kuba sithembele kuThixo.

[14]Kaloku siyazi ukuba uThixo owayivusayo iNkosi uYesu ekufeni, nathi uya kusivusa kunye noYesu, asise apho akhoyo, kunye nani.

[15]Ewe, zilungiselelwe nina zonke ezi zinto, ukuze kuthi njengoko bebaninzi abenzelwa isisa, ngokunjalo nemibulelo ibe mininzi, kudunyiswa uThixo.

Ukuhlala ngokholo

[16]Kungenxa yale nto ke singethi mandla nje. Kaloku imo yethu entsha isuka ihlaziyeke ngokuhlaziyeka, nokuba imo yethu endala yona iya isonakala ngokonakala.

[17]Ewe, ezi mbandezelo zexeshana, zincinane zinjalo, zisilungiselela iwonga laphakade, elingenakulinganiswa nazo.

[18] Sendo assim, fixamos nossos olhos, não naquilo que se pode enxergar, mas nos elementos que não são vistos; pois os visíveis são temporais, ao passo que os que não se vêem são eternos.

2 Coríntios 5

[1] Estamos certos de que, se esta nossa temporária habitação terrena em que vivemos for destruída, temos da parte de Deus um edifício, uma casa eterna nos céus, não construída por mãos humanas.

[2] Enquanto estivermos morando nessa tenda, gememos, almejando ser revestidos da nossa morada celestial,

[3] porquanto, se de verdade estivermos vestidos, não seremos surpreendidos sem roupa.

[4] Porque, enquanto estivermos residindo nesse tabernáculo, murmuramos e somos angustiados, pois não queremos ser despidos, mas sim revestidos da nossa casa celestial, para que aquilo que é mortal seja completamente absorvido pela vida.

[5] Ora, foi Deus mesmo quem nos preparou para isso, e concedeu-nos o Espírito como plena garantia do que está por vir.

[6] Portanto, andamos sempre confiantes, cientes de que enquanto presentes nesse corpo, estamos distantes do Senhor.

[7] Pois vivemos por fé e não pelo que nos é possível ver.

[8] Sendo assim, caminhamos em confiança, e preferimos estar ausentes desse corpo para estarmos completamente presentes com o Senhor.

[18]Ngoko ke asilangazeleli zinto zibonwayo, silangazelela ezingabonwayo. Kaloku ezibonwayo izinto zezexeshana nje, kanti ezingabonakaliyo ziya kuhlala zihleli.

2 KwabaseKorinte 5

[1]Siyazi kaloku ukuba xa ithe yachithwa le ndlu yalapha emhlabeni, sinesakhiwo asilungiselele sona uThixo, esisezulwini, esiya kuhlala sihleli.

[2]Kule meko siyancwina, silangazelela ukungena kweso sakhiwo sethu sisezulwini.

[3]Ukuba singene kuso ke, asinakuyidinga indawo yokuhlala.

[4]Okwangoku sisekule ndlu yasemhlabeni siyancwina, siziva sicinezelekile. Asikuko ke nokuba asisayifuni le ndlu yethu yasemhlabeni, koko kukuba silangazelela ukungena kweso sakhiwo sethu sisezulwini, ukuze oko kufayo kuginywe bubomi.

[5]NguThixo ngokwakhe osilungiselela le nguqulelo; nguye osinike uMoya oyiNgcwele osisiqinisekiso sazo zonke izinto asilungiselele zona.

[6]Ngoko ke sihlala sinethemba. Kaloku siyazi ukuba xa sisekulo mzimba, sikude nelo khaya liseNkosini.

[7]Kuba siphila ngokukholwa, kungekuko ngezinto esizibonayo.

[8]Asithandabuzi, ngoko ke sinolangazelelo lokuwushiya lo mzimba, siye kuhlala neNkosi.

[9] Por isso, temos a ambição de lhe sermos agradáveis, quer estejamos vivendo nesse corpo, quer o deixemos.

[10] Porquanto, todos nós deveremos comparecer diante do tribunal de Cristo, a fim de que cada um receba o que merece em retribuição pelas obras praticadas por meio do corpo, quer seja o bem, quer seja o mal.

O ministério da reconciliação

[11] Portanto, compreendendo o que significa temer ao Senhor, procuramos persuadir todas as pessoas. O que somos está manifesto diante de Deus e esperamos que semelhantemente esteja bem claro em vossas consciências.

[12] Não estamos tentando outra vez nos recomendar a vós, mas vos concedemos a oportunidade de vos orgulhardes por nossa causa, de maneira que tenhais resposta para os que se orgulham das aparências e não do que está no coração.

[13] Pois, se enlouquecemos, é por amor a Deus; se conservamos o juízo, é porque vos amamos.

[14] Porquanto o amor de Cristo nos constrange, porque estamos plenamente convencidos de que Um morreu por todos; logo, todos morreram.

[15] E Ele morreu por todos para que aqueles que vivem já não vivam mais para si mesmos, mas para Aquele que por eles morreu e ressuscitou.

[16] Assim, de agora em diante, a ninguém mais consideramos do ponto de vista meramente humano. Ainda que outrora tivéssemos considerado a Cristo assim,

[9]Ngaphezu kwezinto zonke ke ibhongo lethu kukuba sithi noba sikweli ikhaya, okanye sikwelo sililangazelelayo, sihlale samkelekile kuyo.

[10]Kuba sonke kufuneka sivele phambi koKrestu, asivavanye. Umntu ngamnye uya kufumana loo nto imfaneleyo, nokuba yentle, nokuba yembi, ngokwendlela ebeziphethe ngayo kulo mzimba.

Ubuhlobo noThixo ngoKrestu

[11]Ngenxa yokuba siyithobela iNkosi, sizama ukuzuza abantu. UThixo uyasiqonda ngokupheleleyo, ibe ke nani ndiyathemba ukuba nathi nisiqonda ngokupheleleyo.

[12]Ngale ndlela ke asizami kuzithandekisa kuni, nto nje sinenzela indlela yokuba nikwazi ukuba neqhayiya ngathi, ukuze nikwazi ukubaphendula abo baqhayisa ngembonakalo endaweni yokuqhayisa ngesimilo.

[13]Ukuba asibhadlanga, kungenxa kaThixo. Kanti ukuba sibhadlile, kungenxa yenu.

[14]Kaloku uthando lukaKrestu lusongamele. Ngoko ke sigqiba kwelithi xa kwafa umntu omnye, efela abantu bonke, lonke uluntu lunenxaxheba koko kufa kwakhe.

[15]Wafela abantu bonke, ukuze abo basaphilayo bangabi saziphilela, kodwa baphilele yena wafayo wavuka ngenxa yabo.

[16]Ngoko ke asisagwebi mntu ngomgangatho wehlabathi. Noba singade sibe sakha samthatha ngolo hlobo uKrestu, asisayenzi loo nto ngoku.

agora, contudo, já não o conhecemos mais desse modo.

[17] Portanto, se alguém está em Cristo, é nova criação; as coisas antigas já passaram, eis que tudo se fez novo!

[18] Tudo isso provém de Deus, que nos reconciliou consigo mesmo por intermédio de Cristo e nos outorgou o ministério da reconciliação.

[19] Pois Deus estava em Cristo reconciliando consigo mesmo o mundo, não levando em conta as transgressões dos seres humanos, e nos encarregou da mensagem da reconciliação.

[20] Portanto, somos embaixadores de Cristo, como se Deus vos encorajasse por nosso intermédio. Assim, vos suplicamos em nome de Cristo que vos reconcilieis com Deus.

[21] Deus fez daquele que não tinha pecado algum a oferta por todos os nossos pecados, a fim de que nele nos tornássemos justiça de Deus.

[17]Akuba umntu emanywe noKrestu uba yindalo entsha – isimo esidala yinto yezolo, sekuqaleke isimo esitsha.

[18]Wonke lo msebenzi wenziwa nguThixo. Nguye othe ngoYesu Krestu wasixolelanisa naye ngokwakhe, wasinika umsebenzi wokuxolelanisa.

[19]Kaloku ngoKrestu uThixo wayelixolelanisa naye ngokwakhe ihlabathi, engasababeki tyala abantu ngezono zabo, waza wasiphathisa umsebenzi woxolelaniso.

[20]Ngoko ke sizizigidimi zikaKrestu ngokungathi uThixo unibongoza ngathi. Ngenxa kaKrestu siyanicenga, yibani noxolo noThixo!

[21]Nangona wayengenasono uKrestu, kodwa ngenxa yethu, uThixo wamenza wanenxaxheba kwisono sethu, ukuze thina sithi ngokumanywa naye sibe nenxaxheba ebulungiseni bukaThixo.

2 Coríntios 6

A abnegação de Paulo em seu ministério

[1] E nós, como cooperadores de Deus, vos exortamos a não acolher a graça de Deus de forma inútil.

[2] Porquanto diz o Senhor: “Eu te ouvi no tempo oportuno e te socorri no dia da salvação” Com certeza vos afirmo que esse é o momento propício, agora é o dia da salvação!

[3] Não damos motivo de escândalo em atitude alguma, a fim de que nosso ministério não seja achado em falta.

2 KwabaseKorinte 6

[1]Ngoko ke njengabo basebenzisana noThixo siyanibongoza ukuba ningathi kanti ubabalo lukaThixo nilwamkelele ilize.

[2]Kaloku uthi uThixo: “Ndasabela ngomhla okholekileyo, ndakunceda ngomhla wokusindiswa kwakho.” Khangela ke, nguwo lo umhla okholekileyo, yiyo le imini yokusindiswa!

[3]Ukuze umsebenzi wethu ungabekwa bala, siyaziphepha izinto ezinokukhubekisa nabani na.

[4] Ao contrário, como servos de Deus, recomendamo-nos de todas as maneiras: em muita perseverança; em sofrimentos, privações e tristezas;

[4]Ewe, kuyo yonke imicimbi siyazicacisa ukuba sizizicaka zikaThixo, ngokunyamezela sisezinkathazweni – sisezimbandezelweni nasebunzimeni asityhafi:

[5] em açoites, prisões e tumultos; em trabalhos árduos, noites sem dormir e jejuns;

[5]noba siyabethwa, nditsho sesifakwa ezintolongweni, noba siphakathi kwezidubedube, nditsho sesisetyenziswa ngaphezu kwamandla ethu, naxa singalali okanye singatyi.

[6] em pureza, conhecimento, paciência e bondade; no Espírito Santo e no amor sincero;

[6]Siyazicacisa ukuba sizizicaka zikaThixo ngobunyulu, ngamava, ngokuza kade komsindo, nangobubele; ngamandla kaMoya oyiNgcwele, nangothando olungazenzisiyo;

[7] na Palavra da verdade e no poder de Deus; com as armas da justiça, tanto no ataque como na defesa,

[7]ngokushumayela inyaniso, nangamandla kaThixo. Isikrweqe sethu bubulungisa; ngaso siyahlasela, sihlanganise futhi.

[8] por honra e por desonra, por difamação e por boa reputação; tidos por desonestos, mas sendo verdadeiros;

[8]Singabanesidima, singabalihlazo; siyathukwa, siyanconywa futhi. Siphathwa njengamaxoki, nakuba sithetha inyaniso;

[9] como desconhecidos, porém bem conhecidos; caminhando como quem está prestes a morrer, mas eis que vivemos; torturados, mas não mortos;

[9]ngathi asaziwa, ukanti saziwa ngabo bonke; ngathi sifile, kanti siphilile. Nangona sisohlwaywa, asibulawa noko;

[10] entristecidos, mas sempre felizes; pobres, mas enriquecendo a muitas pessoas; nada tendo, mas possuindo tudo.

[10]nangona sineenzingo, sihlala sichwayitile. Ngathi singamahlwempu, ukanti abaninzi batyeba ngathi; ngathi singabasweleyo, kanti siphuphuma izinto zonke.

Instante exortação à santidade

[11] Ó, irmãos em Corinto, temos falado francamente convosco, com nosso coração aberto!

[11]Zihlobo zaseKorinte, sithethe ngokucacileyo nani, sizityand' igila kuni.

[12] Nosso amor fraternal por vós não está restrito, contudo, vós tendes limitado vosso afeto para conosco.

[12]Ngakwelethu icala asinifihlelanga nto, koko nini abasahleli eqokobheni.

[13] Em termos de justa retribuição, vos falo como a filhos, abri, pois, também os vossos corações.

[14] Jamais vos coloqueis em jugo desigual com os descrentes. Pois o que há de comum entre a justiça e a injustiça? Ou que comunhão pode ter a luz com as trevas?

[15] Que harmonia entre Cristo e Belial? Que parceria pode se estabelecer entre o crente e o incrédulo?

[16] E que acordo pode existir entre o templo de Deus e os ídolos? Porquanto somos santuário do Deus vivo. Como declarou o próprio Senhor: "Habitarei neles e entre eles caminharei; serei o seu Deus, e eles serão meu povo!"

[17] Portanto, "saí do meio deles e separai-vos, diz o Senhor, e não toqueis em nada que seja impuro, e Eu vos receberei.

[18] Serei para vós Pai e sereis para mim filhos e filhas", diz o Senhor Todo-Poderoso!

2 Coríntios 7

[1] Amados, visto que temos essas promessas, purifiquemo-nos de tudo o que possa contaminar o corpo e, por conseguinte a alma, aperfeiçoando a santidade no temor de Deus.

A alegria de Paulo por causa da vinda de Tito e o bom efeito da sua primeira epístola

[2] Acolhei-nos em vosso coração; a ninguém tratamos com injustiça, a nenhuma pessoa prejudicamos, de ninguém jamais nos aproveitamos.

[13]Ngoku ke ndithetha njengoyise kubantwana: Nani linganisani mna, nizityand' igila kum!

Isilumkiso ngefuthe labahedeni

[14]Musani ukuzilinganisa nizifanise nabantu abangakholwayo, kuba àyenziwa loo nto. Ingádibana njani into elungileyo nengalunganga? Kungahlala njani ukukhanya ndawonye nobumnyama?

[15]Unabudlelane buni uKrestu nomtyholi? Linabudlelane buni ikholwa nomntu ongakholwayo?

[16]Inabudlelane buni na indlu kaThixo nezithixo zeentlanga? Kaloku thina siyindlu kaThixo ophilayo! Kutsho uThixo ngokwakhe ukuthi: "Ndiya kulenza kubantu bam ikhaya lam, ndihlale phakathi kwabo, ndibe nguThixo wabo, babe ngabantu bam ke bona."

[17]Ngokunjalo iNkosi ithi: " 'Phumani phakathi kwabo, nahlukane nabo. Musani ukuyichukumisa into engcolileyo. Mna ndiya kunamkela.

[18]Ndoba nguyihlo, nina nibe ngoonyana neentombi zam,' itsho iNkosi uSomandla."

2 KwabaseKorinte 7

[1]Xa ke kanti, mawethu, izithembiso ezinje zenzelwa thina, masizenze sibe nyulu emzimbeni nasemphefumlweni, sibe ngcwele ngokuhlala simoyika uThixo.

Uvuyo lukaPawulos

[2]Nize nihlale nindikhumbula. Andonanga mntu, ndingenzakalisanga bani kuni, akukho nabani ndamqhathayo.

[3] Não digo isso para de alguma forma vos condenar, pois já afirmei que estais em nosso coração para juntos morrermos ou vivermos.

[4] A minha confiança em vós é grande, e muito me orgulho por vossa causa; sinto-me grandemente confortado e transbordante de júbilo em toda a nossa tribulação.

[5] Pois, nem quando chegamos à Macedônia tivemos descanso; pelo contrário, em tudo fomos atribulados; externamente, lutas; internamente, temores.

[6] Deus, contudo, que consola os abatidos; consolou-nos com a chegada de Tito;

[7] e não somente com a vinda dele, mas semelhantemente com a consolação que Tito recebeu de vós. Ele nos relatou sobre a saudade, a tristeza e a preocupação que tendes por mim, de maneira que me alegrei ainda mais.

[8] Porquanto, mesmo que vos tenha entristecido com a minha carta, não me arrependo. De fato, a princípio me arrependi, pois percebi que aquelas palavras vos entristeceram, ainda que por pouco tempo.

[9] Agora, no entanto, me alegro, não porque fostes contristados, mas porque o efeito da tristeza vos levou ao arrependimento. Porquanto, segundo a vontade de Deus é que fostes entristecidos, a fim de que não sofrêsseis prejuízo algum por nossa causa.

[10] A tristeza, conforme o Senhor, não produz remorso, mas sim uma qualidade de

[3]Anditsho kuba ndifuna kunibeka bala nganto. Senditshilo kakade ukuthi nina nisenyongweni kum – mna nani sofa kunye.

[4]Ndinithembe gqitha, yaye ndinebhongo ngani, kangangokuba kubo bonke ubunzima endinabo ndisuka ndizive ndisomelezeka, ndiphuphuma luvuyo.

[5]Andizange ndaba nakuphumla konke-konke, naxa sendifikile eMakedoni. Kwakuziingxabano apho, ngapha nangapha; ndabe ke mna ndinxunguphele.

[6]Kodwa, uThixo obomelezayo abadakumbileyo, wandivuselela ngokufika kukaTito.

[7]Akubanga kukufika kwakhe nje kodwa, koko nengxelo yakhe ngokumphatha kakuhle kwenu nimkhuthaza, nayo yandivuselela. Wandixelela nokuba anisanqweni ngako ukundibona, nokuba nilusizi, nifuna nokundilwela. Ndonwabe ngakumbi ke ngaloo nto.

[8]Xa ndinixelela inyaniso, nokokuba laa ncwadi ndanibhalela yona yanenza buhlungu, andisevi kakubi mna yiloo nto ngoku. Kaloku ndiphawule ukuba naba buhlungu yiyo, nokuba kokwexeshana nje.

[9]Kodwa ndiyavuya ngoku – phofu ingekuko kuba ndanivisa ubuhlungu, koko ikukuba intlungu yenu yanibangela inguquko. Intlungu yenu ibe yinto esuke yasetyenziswa nguThixo; ngoko ke andinenzakalisanga.

[10]Kaloku ithi intlungu yakusetyenziswa nguThixo, izise inguquko esa ekusindisweni; akukho kuzisola ke ngoko.

arrependimento que conduz à salvação; porém, a tristeza do mundo traz a morte.

Kodwa intlungu yasehlabathini yona ibanga ukufa.

[11] Pois vede o que esse constrangimento, segundo a vontade de Deus produziu em vós: que dedicação, mas igualmente que defesa própria, que indignação, que temor, que saudade, que preocupação, que anseio por ver a justiça estabelecida! Em todos os aspectos, provastes estar inocentes nessa questão.

[11]Khanibone into anenzele yona uThixo ngentlungu yenu: nitsho nanenyameko, nafuna nokuzihlamba ibala lesityholo, nakhathazeka, nanomothuko, nalangazelela nokundibona, natshiseka, nakuqonda nokohlwaya isono. Nibonakalise ngeendlela zonke ukuba aninabala kulo mbandela.

[12] Portanto, ainda que eu vos tenha escrito, não foi por causa daquele que praticou o mal, nem por causa daquele que foi prejudicado, mas para que diante de Deus vos fosse possível perceber a si mesmos como sois dedicados fraternalmente a nós.

[12]Naxa ke ndayibhalayo incwadi leyo kwakungengakuba ndandiyibhala ngenxa kabani owonileyo okanye ubani owoniweyo. Injongo yam ekuyibhaleni yayikukuba ndinibonise mhlophe phambi koThixo indlela enizikhathaza ngayo ngam.

[13] Por todas essas manifestações de afeto, fomos revigorados. Além do ânimo que recebemos, alegramo-nos muito mais ao contemplar a alegria de Tito, porquanto sua alma semelhantemente foi contemplada com o encorajamento que recebeu de todos vós.

[13]Indivuselele kanobom ke loo nto. Andivuselelekanga nje kuphela, koko ndivuyiswa nangakumbi yindlela enanimphethe ngayo uTito xa ninonke, nimenza onwabe.

[14] Pois eu havia declarado a ele que estava orgulhoso de vós, e não fui decepcionado por vós; mas como tudo que vos afirmamos era verdade, assim também o orgulho que manifestamos a Tito se provou verdadeiro.

[14]Ndakha ndamqhayisela ngani, nani ke anindiphoxanga. Bendisoloko ndithetha inyaniso kuni ngawo onke amaxesha, ngokunjalo ke nokuqhayisa kwam kuTito akubanga bubuxoki.

[15] E o carinho dele para convosco é ainda mais intenso ao recordar da obediência de todos vós e de como o recebestes com temor e tremor.

[15]Naye uya enithanda ngakumbi, ebangwa ziinkumbulo zokumthobela kwenu, nimphethe kakuhle ngembeko noloyiko.

[16] Alegro-me por poder depositar plena confiança em vós.

[16]Ndonwabe kwaphela kuba ndinebhongo lokuba ndinganithemba ngokupheleleyo.

2 Coríntios 8

A coleta para os cristãos pobres da Judeia

2 KwabaseKorinte 8

Ukunikela kwamakholwa

[1] Agora, irmãos, desejo que tenhais pleno conhecimento da graça que Deus concedeu às igrejas da Macedônia.

[1]Ndithanda ukunazisa, mawethu, ngendlela esisebenze ngayo isisa sikaThixo kumabandla aseMakedoni.

[2] No meio da mais severa tribulação, a grande alegria e a extrema pobreza deles transbordaram em rica generosidade.

[2]Balingeke ngokugqithisileyo, iinkathazo zibavela ngapha nangapha; kodwa naxa kunjalo, babenochulumacho olukwangako, baza banikela ngezandla ezingenamkhinkqi, nangona bona ngokwabo beswele.

[3] Porquanto posso dar testemunho de que contribuíram de livre vontade na medida de seus bens, e até mesmo acima disso!

[3]Ndiyaniqinisekisa ukuba banikele kangangoko babenako. Enyanisweni banikele nangaphezu kokuba benako, ngokuqhutywa ziintliziyo zabo.

[4] Pois nos solicitaram, com muita insistência, o privilégio de participar da assistência em favor dos santos.

[4]Bandincekelele bendicenga, befuna ukuba nenxaxheba kwilungelo lokupha abantu bakaThixo bakwaJuda.

[5] E não simplesmente fizeram o que esperávamos, mas primeiramente deram a si mesmos ao Senhor, e a nós pela vontade de Deus.

[5]Banikele nangaphezu kokuba bendilindele mna! Baqale ngokunikela iziqu zabo eNkosini; baza ngokuvuma kukaThixo bazinikela bona ngokwabo nakum.

[6] De tal maneira que pedimos a Tito que, assim como já havia começado, semelhantemente completasse essa expressão de graça da vossa parte.

[6]Ngoko ke ndimcelile uTito, yena wawuqalayo lo msebenzi, ukuba awuqhube anincedise nide nilifeze eli phulo lomsebenzi wothando.

[7] Todavia, assim como tendes transbordado em tudo, em fé, em palavra, em conhecimento, em toda a dedicação e no amor que temos despertado em vós, vede que igualmente transbordeis nesse privilégio de contribuir.

[7]Niphuphuma izinto zonke: ukholo, ukuthetha, nolwazi, ngolangazelelo eninalo lokunceda, kwanothando enisithanda ngalo. Ngoko ke ndingavuya xa ninokubonakalisa izinwe zenu kweli phulo lothando.

[8] Não vos digo isso como quem dá ordens, mas para provar a sinceridade do vosso amor, mediante a comparação com a dedicação de outros.

[8]Andinibekeli mthetho; nto nje ngokunikhuthaza ngomzekelo wabanye abantu, ndizama ukulola olwenu uthando.

[9] Pois conheceis a graça de nosso Senhor Jesus Cristo, que, sendo rico, tornou-se pobre por vossa causa, para que fosseis enriquecidos por sua pobreza.

[9]Kaloku niyasazi isisa seNkosi yethu uYesu Krestu; nangona wayesisityebi, kodwa wazenza ihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bakhe.

[10] Portanto, esse é meu conselho: convém que façais vossas contribuições, já que desde o ano passado fostes os primeiros, não somente a contribuir, mas também a sugerir esse plano de cooperação.

[11] Agora, pois, completai a obra, a fim de que a forte disposição de realizá-la seja igualada ao zelo em concluí-la, de acordo com os bens que possuís.

[12] Porque, se existe disposição, isso é aceitável conforme o que alguém possui, e não segundo o que não tem.

[13] Entretanto, nosso desejo não é que outros sejam aliviados enquanto sejais sobrecarregados, mas que haja justo equilíbrio.

[14] No presente momento, a vossa fartura suprirá a grande necessidade deles, para que, de igual modo, a abundância deles venha a suprir a vossa privação, e assim haja igualdade.

[15] Como está escrito: "Quem muito havia colhido não o fez em excesso, para que nada faltasse a quem pouco recolhera".

[16] Agradecemos a Deus por ter colocado no coração de Tito a mesma dedicação por vós;

[17] pois Tito não apenas aceitou a nossa solicitação, mas já partiu para vos visitar, com muito entusiasmo e por iniciativa própria.

[18] E juntamente com ele estamos enviando o irmão, que é recomendado por todas as igrejas por seu serviço no evangelho.

[10]Nalu uluvo lwam kulo mcimbi: kubhetele ukuba niyigqibe ngoku loo nto nayiqala kunyaka ophelileyo. Anibanga ngabokuqala nje ekwenzeni kuphela, kodwa naba ngabokuqala nasekuboniseni ulangazelelo lokwenza.

[11]Ngoko ke ndithi: Phambili, nide niwufeze umsebenzi! Njengokuba nazimisela kwasekusungulweni kwawo, zimiseleni nide niwugqibe, ninikele kangangoko ninako.

[12]Ukuba ninolangazelelo, uThixo uyawamkela umnikelo wenu. Kaloku uThixo ufuna umntu aphe ngokobungakanani bezinto anazo, ingebubo obezinto angenazo.

[13-14]Andizami kuphungulela kuni umthwalo weengxaki zabanye, ngokunithwalisa umthwalo wabo. Kodwa njengoko nina nimi kakuhle ngoku, kulungile ukuba nibancede abo basweleyo, khon' ukuze xa nani nisweleyo banincede nabo. Ngale ndlela ke noba niphathana ngokufanayo,

[15]njengoko neziBhalo zisitsho ukuthi: "Lowo ubuthe kakhulu akagqithisanga, nalowo ubuthe kancinci wanele."

UTito nabalingane bakhe

[16]Ndiyambulela uThixo ngokwenza uTito abe nomdla kuni njengam.

[17]Akanelanga kusamkela nje isicelo sam, koko usuke wabonakalisa umdla ngangokude agqibe ngokwakhe ukuba uyeza kuni.

[18]Uza kukhatshwa ngomnye umwethu oxatyiswe kakhulu ngamabandla ngenxa

[19] E não apenas por esse motivo, mas ele também foi escolhido pelas igrejas para ser nosso companheiro de viagem, enquanto ministramos essa graça para a glória do Senhor e para demonstrar nossa boa vontade.
[20] O nosso cuidado é evitar que alguém nos acuse em relação ao modo de administrar essa generosa oferta,
[21] pois estamos empregando todo o zelo necessário para fazer o que é correto, não somente ao olhos do Senhor, mas também perante aos olhos dos homens.

[22] Além de tudo, estamos enviando com eles o nosso irmão que, muitas vezes e de várias maneiras, já nos provou ser zeloso, e agora ainda mais dedicado, por causa da grande confiança que ele tem em vós.

[23] Quanto a Tito, ele é meu companheiro e cooperador para convosco; quanto a nossos irmãos, eles são apóstolos das igrejas e glória para Cristo.
[24] Portanto, diante das demais igrejas, manifestai a esses irmãos a prova do amor que tendes e a razão do orgulho que temos de vós.

2 Coríntios 9

[1] Ora, quanto à assistência em favor dos santos, não há necessidade de que vos escreva,
[2] porquanto estou convicto da vossa total disposição, da qual me orgulho de vós diante dos macedônios, informando que a

yokuzishumayela kwakhe iindaba ezimnandi.

[19]Ngaphezu koko wanyulwa, wamiselwa ngamabandla ukuba ajikeleze kunye nam kweli phulo lothando sidumisa ngalo iNkosi nesiwubonakalisa ngalo umdla wethu wokunceda.

[20]Ndizamela ukuba kungabikho gxeke ngendlela endiwuphethe ngayo lo mcimbi weli phulo lingaka.

[21]Injongo yam kukuba ndingathembeki kuThixo kuphela, koko ndithenjwe nangabantu.

[22]Yiyo ke le nto ndimthuma kuni kunye nabanye. Yena ubesekuvavanyweni amaxesha ngamaxesha, ndamfumana enomdla ekuncediseni. Nanjengoko ekholisekile nini, usuke wanomdla ngakumbi ngoku.

[23]UTito yena ngumlingane endisebenza naye ekuncediseni nina. Amanye ke amakholwa ahamba naye, amele amabandla, eludumo kuKrestu.

[24]Bamkeleni ke ngezandla ezishushu, nibabelezele, ukuze onke amabandla aqonde ukuba bendingathethi nje xa bendiqhayisa ngani.

2 KwabaseKorinte 9

Iphulo lokunceda amaKrestu

[1]Akukho mfuneko yokuba ndinibhalele mayela nombandela wephulo lokunceda abantu bakaThixo abakwaJuda.

[2]Ngangokuwazi kwam umdla eninawo sendide ndaqhayisa nokuqhayisa ngani kubantu baseMakedoni, ndisithi nina ma-

Acaia está pronta para contribuir desde o ano passado. E a vossa dedicação tem incentivado muitos outros.

[3] No entanto, estou enviando esses irmãos, com o propósito de que nosso orgulho por vós, nesse aspecto, não se torne inútil, a fim de que estejais preparados, como afirmei que de fato estariam,

[4] a fim de que, se alguns macedônios forem comigo e os encontrarem despreparados, nós, para não vos mencionar, não sejamos envergonhados por tanta confiança que depositamos em vós.

[5] Sendo assim, considerei necessário pedir a esses irmãos que vos visitassem e preparassem de antemão a vossa contribuição, que já havia sido prometida, para que esteja pronta como oferta generosa e não como algo arrancado da avareza.

[6] Lembrai-vos: "aquele que pouco semeia, igualmente, colherá pouco, mas aquele que semeia com generosidade, da mesma forma colherá com fartura".

[7] Cada pessoa coopere conforme tiver proposto em seu coração, não com pesar ou por constrangimento, pois Deus ama o doador que contribui com alegria.

[8] Certos de que Deus é poderoso para fazer que toda a graça vos seja acrescentada, a fim de que em todas as áreas da vida, em todo o tempo, tendo todas as vossas necessidades satisfeitas, transbordeis em toda boa obra.

[9] Como está escrito: "Distribuiu, doou dos seus bens aos necessitados; a sua fidelidade será eternamente reconhecida".

[10] Aquele que oferta a semente ao que semeia, e pão ao que tem fome, também vos

Akaya naniseniwulungele kwakunyaka ophelileyo lo mbandela. Umdla wenu ke uvuselele abantu abaninzi.

[3]Ndithumela loo makholwa kuni ngoku, khon' ukuze kungabi ngathi ndandithetha nje xa ndandiqhayisa ngani mayela nalo mcimbi. Njengokuba sendiqhayisile nje ke, bekungakuhle ukuba bafike senilungile.

[4]Nanjengokuba ndinithemba kangaka nje, ndingadana kakhulu, nani nihlazeke kakubi, ukuba kunokufika abantu baseMakedoni apho, behamba nam, ningekalungi.

[5]Kungoko ke ndithe la makholwa makabe ehamba kuqala, ukuza kukhangela ukuba senisilungisile na isipho enathembisa ngaso, khon' ukuze ke mna ndifike sesilungile, singumnikelo wenu wesisa, ingekuko kuba ninyanzelwa.

[6]Nize nikhumbule ukuba ohlwayela kancinane uvuna kancinane, ohlwayela kakhulu avune isivuno esikhulu.

[7]Elowo ke makanikele kangangoko agqibe ngako, engenasikrokro, engaziva enyanzelekile, kuba uThixo uthanda umntu opha ngobubele.

[8]Kaloku unako uThixo ukunipha nangaphezu kweemfuneko zenu, ukuze nisoloko nanele kwiimeko zonke, nibe nako ukuhlangabezana nayo yonke imisebenzi emihle,

[9]njengoko zitshoyo neziBhalo ukuthi: "Uwapha ngesisa amahlwempu; ububele belungisa buhlala buhleli."

[10]Ke uThixo obonelela umhlwayeli ngembewu nangesonka, uya kunibonelela

suprirá e multiplicará a semente e fará desenvolver os frutos da vossa fidelidade.

11 Sereis enriquecidos em todas as áreas de vossas vidas, a fim de que possais ser generosos em qualquer ocasião e, por nosso intermédio, a vossa boa vontade resulte em ações de graças a Deus.

12 Porquanto, ao ministrar essa assistência não apenas estais suprindo as necessidades dos santos, mas semelhantemente promovendo o transbordamento de variadas expressões de louvor e gratidão a Deus.

13 Por intermédio dessa prova de verdadeiro serviço ministerial, muitos outros louvarão a Deus pela obediência que acompanha a vossa confissão do Evangelho de Cristo e pela generosidade do vosso coração em compartilhar vossos bens com eles e com todos os outros.

14 E eles, orando em vosso favor, demonstram a profunda afeição que têm por vós, por causa da extraordinária graça de Deus que vos foi concedida.

15 Graças a Deus por nos haver oferecido seu maior e mais indescritível dom!

2 Coríntios 10

Paulo defende a sua autoridade apostólica

1 E eu mesmo, Paulo, vos rogo pela paciência e bondade de Cristo; eu, que segundo dizem, quando vos confronto face a face sou "humilde", entretanto, quando ausente sou "ousado" no falar;

2 suplico-vos que, quando estiver convosco, não seja obrigado a usar de rigor e audácia, tal como penso que ousarei agir, para com

nani ngembewu eniyisweleyo, ayikhulise invelisele isivuno esihle ngokobubele benu.

11Nohlala nanele ukuze nikwazi ukusoloko ninezinwe, khon' ukuze uThixo abulelwe ngabantu abaninzi ngenxa yezipho zenu abazifumana kuthi.

12Le nkonzo niyenzayo kaloku ayanele nje kukuhlangabezana neentswelo zabantu bakaThixo, koko ibanga ukuphuphuma kwemibulelo ebhekiswa kuThixo.

13Abaninzi ke baya kumdumisa uThixo ngenxa yokucaca kwentembeko yenu, xa bebona ukumthobela kwenu nokunyaniseka kwenu kwiindaba ezimnandi zikaKrestu, nangobubele benu, kuba nisabelana nabo bonke abanye.

14Bonithandazela ke benga banganibona ngenxa yesisa esikhulu anenzele sona uThixo.

15Makabulelwe uThixo ngesipho sakhe esingaka.

2 KwabaseKorinte 10

UPawulos ukhusela umsebenzi wakhe

1Ndim, mna Pawulos ngenkqu, onibongozayo, nakuba kusithiwa ndinobulali ndithantamisa xa ndilapho phakathi kwenu, kodwa ndithi ndakuba ndisithele ndibe nesibindi nobuganga ngakuni. Ndiyanicenga ke, ngenxa yokuthantamisa nobubele bukaKrestu:

2musani ukundinyanzela ukuba ndibe nesibindi nobuganga ndakuba ndifikile apho kuni; kuba ke ndiyaqonda ukuba

alguns que imaginam que nos conduzimos por padrões meramente humanos.

ndinganabo ubuganga kwabo bandityhola ngokuthi ndiqhutywa lifuthe labantu beli hlabathi.

[3] Porquanto, embora vivendo como seres humanos, não lutamos segundo os padrões deste mundo.

[3]Kuyinene kona ukuba sihleli apha ehlabathini; kodwa ke asilwi ngokwehlabathi.

[4] Pois as armas da nossa guerra não são terrenas, mas poderosas em Deus para destruir fortalezas!

[4]Kaloku izixhobo esilwa ngazo ayizizo ezehlabathi, koko zizikrweqe ezomeleleyo zikaThixo. Ngazo ke sidiliza iinqaba. Ewe, sichitha iingxoxo ezilahlekisayo;

[5] Destruímos vãs filosofias e a arrogância que tentam levar as pessoas para longe do conhecimento de Deus, e dominamos todo o pensamento carnal, para torná-lo obediente a Cristo.

[5]sidiliza ngazo yonke imiqobo yamabhongo achasa ukuba abantu bamazi uThixo; sithimba zonke iingcamango, sizenze zithobele uKrestu.

[6] E estaremos preparados para repreender qualquer atitude rebelde, assim que alcançardes a perfeita obediência.

[6]Xa nani ke seniyibonakalisile ngokupheleleyo neyenu intobeko, soba nako ke ukulungela ukohlwaya yonke inkcaso.

[7] Por hora, observais tão somente a aparência externa dos eventos. Se alguém está convicto de que pertence a Cristo, deveria considerar este fato: assim como essa pessoa, nós também somos propriedades de Cristo.

[7]Izinto zijongeni njengokuba zinjalo. Ngaba ukho na apho phakathi kwenu ozimisele ukuba ungokaKrestu yena? Lowo ke makazikise ukucinga, kuba nathi singabakaKrestu kwanjengaye.

[8] Pois ainda que eu tenha me gloriado um pouco mais da autoridade que o Senhor nos outorgou, não me envergonho desse sentimento, pois essa autoridade é para edificá-los e não para destruí-los.

[8]Kuba andinazintloni, nokuba lingade libe lithe kratya iqhayiya lam ngegunya esalinikwa yiNkosi. Ligunya lokunakha, asililo elokunidiliza.

[9] Não desejo que vos pareça que minha intenção é amedrontá-los com minhas cartas.

[9]Iileta zam sanukuzithatha ngokungathi ndizama ukunigrogrisa ngazo.

[10] Pois, como alardeiam alguns: “as cartas dele são duras e exigentes, contudo ele pessoalmente não impressiona, e sua pregação é desprezível”.

[10]Kaloku abanye bathi: “Unesibindi nobuganga xa ebhala, kodwa asakufika yena buqu, ulitatasholo, nokuthetha kwakhe kuphuthile.”

[11] Considerem tais pessoas que aquilo que somos em carta quando estamos distantes, seremos em atitudes, quando estivermos presentes.

[12] Pois não ousamos igualarmo-nos ou compararmo-nos com alguns que se recomendam a si mesmos. Entretanto, estes, medindo-se e comparando-se entre si, demonstram quão faltos de sabedoria são.

[13] Nós, porém, não nos orgulharemos além do limite adequado, mas limitaremos nosso gloriar ao âmbito da ação que Deus mesmo nos confiou, o qual vos alcança inclusive!

[14] Com certeza, não estamos indo longe demais em nosso orgulho, como seria se não tivéssemos chegado até vós, porquanto vos alcançamos com o Evangelho de Cristo.

[15] E da mesma forma, não caminharemos além de nossos limites, orgulhando-nos de trabalhos que outros realizaram; pelo contrário, nossa esperança é que, à medida que for desenvolvendo a fé que habita em vós, semelhantemente o nosso ministério se estabeleça ainda em vosso meio,

[16] para que assim nos seja possível pregar o Evangelho nas regiões que estão além de vós, sem nos vangloriarmos em campo de atuação de outro.

[17] Apesar de tudo, “quem se gloriar, glorie-se no Senhor”,

[18] porquanto, quem se vangloria não será aprovado, mas sim aquele a quem o Senhor recomenda.

[11]Abo batshoyo mabaqonde le ndawo: ukufika kwam apho ndiya kwenza kwangale ndlela ndithetha ngayo xa ningekhoyo.

[12]Ngenene, thina asingeze sazilinganisa nabo baziphakamisayo. Bazizityhakala! Bazilinganisa nabo ngokwabo, besebenzisa imigangatho abayimise kwangokwabo!

[13]Okwethu ke ukuqhayisa kuphantsi kwemida ethile. Akudluli kwimida yokusebenza esiyimiselwe nguThixo, ebandakanya nokusebenza kwethu phakathi kwenu.

[14]Njengoko ke nani nikwakuloo mida, andiyitsibanga ke ngokuza kuni ndiniphathele iindaba ezimnandi ezingoKrestu.

[15]Ngoko ke andiqhayisi ngomsebenzi owenziwe ngabanye ngaphaya kwemida endiyimiselwe nguThixo. Ndaweni yaloo nto, ndinethemba lokuba lwakukhula ukholo lwenu, ndiya kuba nako ukwenza umsebenzi ongaphezulu phakathi kwenu, ndisoloko ndikwimida endiyimiselwe nguThixo.

[16]Kamva ke ndoba nako ukuzishumayela iindaba ezimnandi kumazwe angaphaya kwenu, ukuze ndingaqhayisi ngomsebenzi osewenziwe kwimida yomnye umntu.

[17]Kodwa ke, njengoko zitshoyo iziBhalo: “Nabani na othanda ukuqhayisa, makaqhayise ngento eyenziwe yiNkosi.”

[18]Kaloku umntu owamkelekileyo ngulowo unconywa yiNkosi, ingenguye ozincoma ngokwakhe.

2 Coríntios 11

Os falsos apóstolos

[1] Quisera eu me suportásseis ainda um pouco mais na minha loucura! Rogo-vos que sejais pacientes comigo.

[2] Pois tenho verdadeiro ciúme de vós e esse zelo vem de Deus, pois vos consagrei em casamento a um único esposo, que é Cristo, a fim de vos apresentar a Ele como virgem pura.

[3] Entretanto, receio que, assim como a serpente enganou Eva com sua astúcia, também a vossa mente seja de alguma forma seduzida e se afaste da sincera e pura devoção a Cristo.

[4] Porquanto, se alguém vos tem pregado um Jesus que não é aquele que ensinamos, ou se recebeis um outro espírito, que não o Espírito que creio, terdes recebido, ou ainda um evangelho diferente do que tendes abraçado, a tudo isso muito facilmente, tolerais.

[5] Contudo, não me julgo em nada inferior a esses “eminentes apóstolos”.

[6] Pois, ainda que não use de eloquente oratória, no entanto, não me falta conhecimento. Em verdade, nós vos temos demonstrado isso em todo tipo de situação.

[7] Será que cometi algum pecado ao humilhar-me com o propósito de vos exaltar, pois vos preguei gratuitamente o Evangelho de Deus?

[8] Para vos servir, despojei outras igrejas de seus recursos, recebendo delas sustento financeiro.

2 KwabaseKorinte 11

UPawulos nabathunywa bobuxoki

[1]Bendinga ningakhe nindinyamezele kancinane kobu budenge bam; ngenene ndinyamezeleni!

[2]Ndinekhwele ngani kanye ngale ndlela uThixo anekhwele ngayo ngani; ninjengentombi enyulu endiyendisela esokeni elinye qha, elinguKrestu.

[3]Kambe ndinoloyiko hleze iingqondo zenu ziwexuleke, nikutyeshele ukuzondelela uKrestu, kanye ngalaa ndlela uEfa walukuhlwa ngayo bubuqhetseba benyoka.

[4]Kaloku nithakazelela nabani na oza kuni anishumayeze uKrestu ongomnye, ongenguye lo ndamshumayelayo; nize ninyamazele nabani na oza nomoya ongenguye lo namnikwayo. Namkela neendaba ezinxamnye neendaba ezimnandi enazifumana kuthi.

[5]Akukho nto ndisilela ngayo kwabo bathunywa benu baxabisekileyo!

[6]Kungenzeka ukuba andilociko ekuthetheni, kodwa ke ndinalo lona ulwazi. Iye yacaca le nto kuni amaxesha ngamaxesha naphantsi kweemeko ngeemeko.

[7]Ngokuya ndandinishumayeza iindaba ezimnandi zikaThixo zange ndinihlawulise nento le; ndazithoba mna ukuze nizimaseke nina. Ngaba ndona ngokwenjenjalo?

[8]Ngokuya ndandisebenza phakathi kwenu ndandibonelelwa ngamanye amabandla. Ngenye indlela ndandiwaqhatha ukuze ndincede nina.

[9] Mas, quando estava presente convosco, e passei necessidade financeira, não me permiti ser pesado a ninguém, pois quando os irmãos vieram da Macedônia, supriram toda a minha necessidade. Em tudo evitei ser um peso para vós, e assim continuarei a caminhar.

[10] Tão certo como a verdade de Cristo está em mim, absolutamente ninguém na região da Acaia poderá privar-me dessa glória.

[11] Por quê? Será porque não vos tenho dedicado amor fraternal? Ora, Deus sabe que vos amo!

[12] O que faço, e seguirei fazendo, tem o objetivo de não dar oportunidade aos que procuram ocasiões de serem considerados iguais a nós nas obras de que se orgulham.

[13] Porquanto, tais homens são falsos apóstolos, obreiros desonestos, fingindo-se apóstolos de Cristo.

[14] E essa atitude não é de admirar, pois o próprio Satanás se disfarça de anjo de luz.

[15] Portanto, não é surpresa alguma que seus serviçais finjam que são servos da justiça. O fim dessas pessoas será de acordo com o que as suas ações merecem.

Os sofrimentos de Paulo por amor do evangelho

[16] Afirmo, uma vez mais, que ninguém me considere louco. Mas, se assim pensais, recebei-me como quem acolhe a um fraco de juízo, pois assim, ao menos, terei algo de que me orgulhar.

[9]Ngelo xesha ndandinani andizange ndinikhathaze ngakufuna nto kuni xa ndandiswele imali. Amakholwa awayevela eMakedoni andiphathela yonke into endandiyiswele. Njengakwixesha elidlulileyo, koba njalo nakwelizayo: andisoze ndibe ngumthwalo kuni!

[10]Ndithetha ndingokaKrestu nje, eli qhayiya ndinalo lokuba ndingengomthwalo kuni aliyi kunqandwa bani kulo lonke elaseAkaya.

[11]Ndiyithethiswa yintoni ke le nto? Ngaba kungenxa yokuba ndinganithandi? UThixo uyazi ukuba ndiyanithanda!

[12]Ndiya kuqhubela phambili ndisenza le nto ndiyenzayo, ukuze ndibavalele abo bathunywa babo bangabi nandlela yakuqhayisa, besithi benza kwalo msebenzi ndiwenzayo.

[13]Loo madoda ayingobathunywa – angoosinga-bathunywa; azithethelela ngobuqhetseba, azenze akhangeleke ngathi angabathunywa bakaKrestu ngenene.

[14]Ayimangalisi loo nto, kuba noSathana ngokwakhe uzenza akhangeleke ngathi sisithunywa sokukhanya.

[15]Ngoko ke yinto elula ukuba izicaka zakhe zizenze zikhangeleke njengezicaka zikaThixo. Kodwa ke baya kuvuna loo nto bayihlwayeleyo.

Ubunzima obathwalwa nguPawulos

[16]Kwakhona ndithi makungabikho bani uba ndisisidenge. Kodwa ukuba nithi ndisisidenge, ze nindinyamezele ke njengesidenge, oku kokuba ndifumane ithutyana lokuqhayisa.

[17] Ao declarar esse orgulho, não o estou fazendo segundo o Senhor, mas como quem perdeu a sensatez.

[18] Considerando que há muitos que se orgulham de acordo com padrões mundanos, ora, eu de igual modo posso me orgulhar.

[19] Assim, vós que sois tão lúcidos, certamente sabeis acolher os desequilibrados!

[20] Porquanto, de fato, acolheis até quem vos escraviza ou vos explora, ou aqueles que sobre vós se exaltam, e até mesmo suportais quem vos esbofeteia.

[21] Para minha vergonha, devo admitir que fomos fracos. Todavia, naquilo em que todos os outros se atrevem a orgulhar-se, falando como louco, também eu me atrevo.

[22] Ora, são eles hebreus? Eu também sou. São israelitas? Eu também sou. São descendentes da Abraão? Eu também sou.

[23] São servos de Cristo? Eu ainda mais, me expresso como se estivesse enlouquecido, pois trabalhei muito mais, fui encarcerado mais vezes, fui açoitado mais severamente em perigo de morte várias vezes.

[24] Cinco vezes, recebi dos judeus trinta e nove açoites.

[25] Três vezes fui espancado com varas, uma vez fui apedrejado, três vezes sofri naufrágio, passei um dia e uma noite exposto à fúria do mar.

[17]Ngenene le nto ndiyithethayo ngoku andiyithunywanga yiNkosi. Kulo mbandela wokuqhayisa ndithetha njengesidenge mpela.

[18]Kodwa ke ngenxa yokuba bebaninzi kangaka nje abaqhayisa ngamabakala eli hlabathi, nam ndiya kwenjenjalo.

[19]Nakuba nina nilumke kangaka nje niyakuthakazelela kodwa ukunyamezela izidenge!

[20]Ninyamezela nabani na onivuyelelayo, okanye onixhaphazayo, okanye ozanyiselelayo, okanye onijongele phantsi, okanye oniqhwabayo.

[21]Ndineentloni ukuyivuma loo nto; kambe mna ndaba ligwala! Kodwa ke ukuba kukho bani onobuganga bokuqhayisa – ndivakala njengesidenge – nam ndiya kuba nobuganga obukwanjalo.

[22]Ngaba bangamaHebhere na? Nam ndinguye. BangamaSirayeli? Nam ndinguye. Ngaba bayinzala ka-Abraham na? Nam ndiyiyo.

[23]Bazizicaka zikaKrestu na? – Ndivakala njengegeza – Nam ndisiso, nangaphezulu! Ndisebenze nzima ngokungaphezulu, ndivalelwe kaninzi entolongweni, ndikatswe kaninzi, ndilikrobe kaninzi ingcwaba.

[24]Kukahlanu ndikatswa imivumbo engamashumi amathathu anethoba ngamaJuda.

[25]Ndikatswe izihlandlo ezithathu ngamaRoma, futhi ndakha ndaxulutywa ngamatye.Kukathathu ndiqhekekelwa

yinqanawa elwandle; ndakha ndachitha ubusuku nemini enzonzobileni yamanzi.

[26] Muitas vezes, passei por perigos em viagens, perigos em rios, perigos entre assaltantes, perigos entre meus próprios compatriotas, perigos entre os gentios, perigos na cidade, perigos no deserto, perigos no mar, perigos entre falsos irmãos.

[26]Ndaba soloko ndiseluhambeni; ndibe sezingozini emilanjeni, iingozi kwizihange, iingozi kumawethu,iingozi kwabasemzini, iingozi ezidolophini, iingozi emaphandleni, iingozi elwandle, iingozi nakwabanga bazizihlobo.

[27] Trabalhei arduamente; por diversas vezes, fiquei sem dormir, passei fome e sede, e, muitas vezes atravessei longos períodos em jejum; suportei frio e nudez.

[27]Ndaba soloko ndisebenza nzima, ndibulaleka; ndaba soloko ndingalali; ndilamba, ndinxanwa; ndaba soloko ndiswele ukutya okwaneleyo, indawo yokuhlala, nempahla yokunxiba.

[28] Além de tudo isso, pesa diariamente sobre mim a responsabilidade que tenho para com todas as igrejas.

[28]Ndingasazibaluli ke ezinye izinto, ndinoxanduva endisoloko ndinalo mihla le: ixhala lokuzondelela inkqubela kuwo onke amabandla.

[29] Ora, quem se enfraquece, que eu semelhantemente não me sinta enfraquecido? Quem se escandaliza, que eu de igual forma não fique indignado?

[29]Xa kukho obuthathaka, nam ndiba buthathaka; ukuba kukho owe esonweni, ndiyakhathazeka.

[30] Se, portanto, devo me orgulhar, então que seja nas atitudes que revelam minha própria fraqueza.

[30]Xa kuyimfuneko ukuba ndiqhayise, ndiya kuqhayisa ngezo zinto zibonakalisa ubuthathaka bam.

[31] O Deus e Pai do Senhor Jesus, que é bendito por toda a eternidade, sabe que não estou falseando a verdade.

[31]UThixo uYise weNkosi uYesu – malidunyiswe igama lakhe njalo-njalo – uyazi ukuba andixoki.

[32] Em Damasco, o governador da cidade, sob a autoridade do rei Aretas, vigiava a cidade dos damascenos com o firme propósito de prender-me.

[32]Xa ndandiseDamasko irhuluneli ephantsi kokumkani uAreta yabeka abalindi emasangweni edolophu ukuze bandibambe.

[33] Todavia, através de uma janela, desceram-me muralha abaixo dentro de um cesto. E assim, fui livrado das mãos dele.

[33]Kodwa ndathotywa ngebhaskiti kwikroba elaliseludongeni, ndasinda ke.

2 Coríntios 12

A visão celestial. O espinho na carne

2 KwabaseKorinte 12

Imibono nezityhilelo zikaPawulos

[1] Considerando, pois, ser necessário que vos exponha minhas glórias, embora não me seja vantajoso orgulhar-me, passarei às visões e revelações do Senhor.

[1]Ndiya kuqhayisa ke khona, nakuba loo nto ingancedi nje. Ndiza kubalisa ngemibono nangezityhilelo zeNkosi.

[2] Conheço um homem em Cristo que há catorze anos foi arrebatado ao terceiro céu. Se foi no corpo ou fora do corpo, não entendo exatamente, Deus o sabe.

[2]Kukho mfo uthile womKrestu owathi kwiminyaka elishumi elinane eyadlulayo, wathwetyulelwa phezulu ezulwini. (Andazi phofu nokokuba yehla ngenene le nto, nokuba yayingumbono nje; kwazi uThixo kuphela.)

[3] Mas sei que esse homem, se isso ocorreu no corpo ou fora do corpo, não sei, mas certamente Deus o sabe,

[4] foi arrebatado ao paraíso e ouviu palavras inexprimíveis, as quais não é concedido ao homem comentar.

[3-4]Ndiyaphinda ndithi loo mfo wathwetyulelwa ezulwini. (Ndiphinde ndithi kwakhona nokokuba yehla ngenene le nto, nokuba yayingumbono nje, andazi; kwazi uThixo kuphela.) Wathwetyulelwa apho akhoyo uThixo. Apho ke weva amazwi angathethekiyo, ekungavumelekanga nokuba athethwe mntu.

[5] Nesse homem me orgulharei, mas não em mim mesmo, a não ser em minhas próprias fraquezas.

[5]Nguloo mfo ke lo ndiza kuqhayisa ngaye. Mna andizi kuzingca nganto ngaphandle nje kwezo zibonakalisa ubuthathaka bam.

[6] Ainda que eu decidisse gloriar-me não seria, de fato, insensato, porquanto estaria narrando verdades. Contudo, evito falar sobre isso para que ninguém pense a meu respeito mais do que seja capaz de observar em minha vida ou de mim pode ouvir.

[6]Phofu ukuba bendingafunayo ukuqhayisa bendingayi kuba ndisisidenge, kuba bendiya kuba ndithetha inyaniso. Kodwa ke andizi kuqhayisa, kuba andifuni kubekho mntu undicingela ngaphezu kwaloo nto ndiyiyo ekwenzeni nasekuthetheni.

[7] E, para impedir que eu me tornasse arrogante por causa da grandeza dessas revelações, foi-me colocado um espinho na carne, um mensageiro de Satanás para me atormentar.

[7]Ngoko ke, ukuze ndingakhukhumali likratshi ngenxa yezi zityhilelo zimangalisayo, ndabethwa ngesifo esaba sisithunywa sikaSathana ukuze sindintlithe ndingazingci ngokugqithisileyo.

[8] Por três vezes, roguei ao Senhor que o removesse de mim.

[8]Ndayithandaza kathathu iNkosi, ndiyicela ukuba isisuse kum.

[9] Entretanto, Ele me declarou: “A minha graça te é suficiente, pois o meu poder se aperfeiçoa na fraqueza”. Sendo assim, de

[9]Kodwa yandiphendula yathi: “Ubabalo lwam lukwanele, kuba amandla am acaca xa ubuthathaka.” Ngoko ke ndikhetha

boa vontade me gloriarei nas minhas fraquezas, a fim de que o poder de Cristo repouse sobre mim.

ukuqhayisa ngezinto ezibonakalisa ubuthathaka bam, ukuze ndikuve ukongama kwamandla kaKrestu phezu kwam.

[10] Por esse motivo, por amor de Cristo, posso ser feliz nas fraquezas, nas ofensas, nas necessidades, nas perseguições, nas angústias. Porquanto, quando estou enfraquecido é que sou forte!

[10]Ndanelisekile ke ngoko nokuba ndibuthathaka, nokuba ndiyagxekwa, nokuba nditsala nzima, nditshutshiswa, ndithwala iimbandezelo ngenxa kaKrestu. Kuba xa ndibuthathaka, kuxa kanye ndinamandla.

O desinteresse de Paulo

UPawulos uxhalela amaKorinte

[11] Tornei-me insensato porque vós me obrigastes a isso. De fato, eu devia ser recomendado por vós, visto que em nada fui inferior aos “superapóstolos”, mesmo considerando que eu nada seja.

[11]Ndenze ubudenge ngokuqhayisa, kodwa nini abandibangele obo budenge. Bendifanele ukuba ndinconywe nini; kuba, nokuba andinto na, andikho nganeno kodwa kwabo singa-bathunywa benu!

[12] Os sinais distintivos de um apóstolo foram demonstrados entre vós com grande perseverança, por meio de obras extraordinárias, maravilhas e milagres.

[12]Nizibone ngawenu amehlo iimpawu zomthunywa ngemiqondiso yamandla nemimangaliso endathi rhoqo ukuyenza phakathi kwenu.

[13] Assim, em que fostes inferiores às outras igrejas, a não ser no fato de que eu mesmo jamais ter me constituído num peso para vós? Perdoai-me por esta ofensa!

[13]Ngaba kukho nto iyenye na ndanenzela yona kakubi nina kunamanye amabandla, ngaphandle nje kokuba ndingabanga ngumthwalo kuni? Ndiyaxolisa ke ngelo xanasi!

[14] Eis que, pela terceira vez, estou preparado para partir ao vosso encontro, e não vos serei pesado; pois não vou em busca de vossos bens, mas procuro a vós mesmos. Porquanto, não são os filhos que devem poupar seus bens para os pais, mas sim os pais para os filhos.

[14]Ngoku sesesithathu isihlandlo ndikulungele ukuza kunibona; ndaye ndingazi kuba ngumthwalo konke kuni. Ndixabise nina kunemali yenu. Andibi kanene ngabazali abondla abantwana, ayingobantwana abondla abazali!

[15] Desta forma, de boa vontade e por amor de vós, investirei tudo o que possuo e também me desgastarei pessoalmente em vosso favor. Assim, visto que os amo tanto, serei menos amado por vós?

[15]Kungamnandi kakhulu kum ukuba mna ndinokudleka, ewe, ndichithe konke endinako ngenxa yenu. Ndinithanda kangaka nje mna, ngaba nina nindithanda kancinane?

[16] Seja como for, não tenho sido um peso sobre vós; no entanto, como sou "ardiloso", vos "conquistei com astúcia".
[17] Ora, será possível que eu vos tenha explorado por meio de algum missionário que vos enviei?

[18] Eu mesmo orientei a Tito para que vos visitasse, acompanhado de outro irmão. Porventura Tito vos explorou? Não ministramos nós pelo mesmo Espírito? Não seguimos juntos o mesmo caminho?

Os últimos avisos aos coríntios. Saudações

[19] Pensais que durante todo esse tempo estamos tentando nos defender diante de vós? Ora, é diante de Deus que apresentamos nossa defesa em Cristo, e todas as nossas atitudes, amados irmãos, têm o propósito de vos fortalecer.

[20] Porquanto, temo que, ao visitá-los, não os veja como eu gostaria, e que vós também não me encontrem como esperavam. Receio que haja entre vós brigas, invejas, ódio, ambições egoístas, calúnias, mexericos, arrogância e muita confusão.

[21] Temo ainda de que, quando estiver convosco outra vez, o meu Deus me humilhe diante de vós, e que eu lamente por muitos dos que pecaram anteriormente e que ainda não chegaram à conclusão que precisam se arrepender da impureza, das relações sexuais ilícitas e da devassidão moral que viviam praticando.

2 Coríntios 13

[16]Ewe, nokuba bendingengomthwalo kuni, nisenokutsho ukuthi ndaninyusha ngobuqhetseba bam.

[17]Njani? Yiyiphi kumadoda endawathuma kuni, endathi maze inixhaphaze?

[18]UTito ndamthundeza ukuze anihambele, ekhatshwa ngulaa mwethu ndandimthume kuni. Ningatsho ukuthi uTito waninyusha? Ningathini kaloku nisazi kakuhle nje ukuba yena nam sineenjongo ezinye, siqhuba ngenkqubo enye?

[19]Kungenzeka kambe ukuba ngalo lonke eli xesha niba ndiyazithethelela kuni. Hayi, ndithetha phambi koThixo, ndingokaKrestu, yaye nenjongo yam ikukuba nakheke, zihlobo zam ezithandekayo.

[20]Ndinoloyiko lokuba ndifike apho ningeyiyo into endinqwenela ukufika niyiyo, nam ndingeyiyo leyo nindinqwenelela ukuba ndibe yiyo. Ndinoloyiko hleze ndifike kukho iingxabano nomona, imisindo nolunya, izinyeliso neentlebendwane, amayelenqe neziphithi-phithi.

[21]Ndinexhala lokuba ndakuthi ndakufika apho andiphoxe uThixo wam, ndilile phambi kwenu ngenxa yabo bonileyo baza àbaguquka ekungcoleni abakwenza ngombulo nokurheletya.

2 KwabaseKorinte 13

Izilumkiso nemibuliso

[1] Esta será a terceira vez que vou visitar-vos. Sendo assim, "toda questão precisa ser confirmada pelo depoimento de duas ou três testemunhas".

[1]Eli liza kuba lixesha lesithathu ndinityelela. "Nasiphi na isityholo kufuneka simiswe ngamangqina amabini okanye amathathu," njengoko zisitsho iziBhalo.

[2] Já vos adverti quando estive entre vós, pela segunda vez. Agora, estando ausente, volto a dizer aos que anteriormente pecaram e a todos os demais que, quando retornar, com certeza não os pouparei,

[2]Ndibhekisa kwabo babonile ngaphambili, kunye nawuphi na ongomnye. Ndandikhe ndatsho kambe kutyelelo lwam lwesibini, kodwa ndiyaphinda nangoku ndingekhoyo ukuthi: xa ndiphinda ukuza apho, akukho bani uya kusinda ekohlwayweni.

[3] visto que estais exigindo que apresente uma prova de que Cristo fala por meu intermédio. Ele não é fraco ao lidar convosco, mas sim, poderoso entre vós.

[3]Nithi nifuna ukuqinisekiswa ukuba uKrestu uyathetha ngam. Nimazi engelobhetye-bhetye, kodwa enamandla phakathi kwenu.

[4] Porque, apesar de haver sido crucificado em fraqueza, Ele vive, e isso pelo poder de Deus. Semelhantemente, somos fracos nele, mas, pelo poder de Deus viveremos com Ele para vos servir.

[4]Kuba nakuba wabulawa emnqamlezweni enenxaxheba kubuthathaka bethu, udla ubomi ngamandla kaThixo. Ngoko ke ndibuthathaka kuba ndimanywe naye, kodwa ndiyakudla ubomi naye ngamandla kaThixo. Iya kucaca ke loo nto kuni.

[5] Examinai, portanto, a vós mesmos, a fim de verificar se estais realmente na fé. Provai a vós mesmos. Ou não percebeis que Jesus Cristo está em vós? A não ser que já estejais reprovados.

[5]Zivavanyeni niziqonde ukuba ningamakholwa ngenene na. Khanizicikide. Ngokuqinisekileyo niyaqonda ukuba uYesu Krestu ukho kuni – ngaphandle kokuba ngaba noyisakele.

[6] Mas tenho a esperança de que compreendais que nós não fomos reprovados.

[6]Ndiyathemba ukuba niya kuqonda ukuba ndiphumelele mna.

[7] Agora, oramos a Deus para que não pratiqueis mal algum; não para que os outros observem que temos sido aprovados, mas para que façais o que é correto, embora pareça que tenhamos falhado.

[7]Ndithandaza kuThixo ukuba ningoni tu – kungekuko ukubonakalisa impumelelo yam, kodwa kukuze nenze oko kulungileyo, nangona mna ndinga ngathi ndoyisiwe.

[8] Porquanto, nada podemos fazer contra a verdade, mas somente a favor dela.

[8]Kaloku mna andiyenzi into ephikisana nenyaniso, kuba ndingakuyo inyaniso.

[9] Pois nos alegramos quando somos enfraquecidos, e vós sois fortalecidos; rogamos por vosso aperfeiçoamento contínuo.

[10] Por esse motivo, escrevo estas palavras estando ausente, para que, quando eu estiver convosco pessoalmente, não necessite ser rigoroso no uso da autoridade que o Senhor me outorgou para edificá-los, e não para destruí-los.

[11] Sem mais, irmãos, despeço-me de vós! Procurai agir com maturidade, tende bom ânimo, encorajai-vos mutuamente, tende um só pensamento principal e vivei em harmonia. E o Deus de amor e paz estará convosco.

[12] Saudai-vos uns aos outros com o beijo santo.

[13] Todos os santos vos enviam saudações.

[14] A graça do Senhor Jesus Cristo, o amor de Deus e a comunhão do Espírito Santo sejam com todos vós!

[9]Ndiyavuya mna xa ndibuthathaka nibe ke nina nomelele. Ngoko ke ndithandazela ukuba ningabi nampazamo.

[10]Yiyo le nto ndibhala ngoku ndingekezi apho kuni. Ndenzela ukuba ze ndithi ndakufika apho ndinganiphathi gadalala, ndisebenzisa igunya endalinikwa yiNkosi – igunya lokunakha, ingelilo elokuniwisa.

[11]Ekugqibeleni ke, mawethu, ndithi salani kakuhle. Zamelani ukuba ningabi nampazamo; zigqaleni iziyalo; visisanani, nihlale ngoxolo. Ngoko ke uThixo wothando noxolo uya kuba nani.

[12]Bulisanani ngokwamakholwa. Bonke abantu bakaThixo bayanibulisa.

[13]Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu, nothando lukaThixo, nobudlelane boMoya oyiNgcwele, maluhlale nani nonke.

Gálatas	KumaGalati

Gálatas 1

Prefácio e saudação

1 Paulo apóstolo, não da parte de homens, nem por intermédio de qualquer ser humano, mas por Jesus Cristo e por Deus Pai, que o ressuscitou dos mortos,

2 e todos os irmãos que estão em minha companhia, às igrejas da Galácia:

3 A todos vós, graça e paz da parte de Deus nosso Pai e do Senhor Jesus Cristo,

4 que se entregou voluntariamente pelos nossos pecados, a fim de nos resgatar deste atual e perverso sistema mundial, segundo a vontade de nosso Deus e Pai,

5 a quem seja toda a glória pelos séculos dos séculos. Amém!

A inconstância dos gálatas. Paulo vindica a autoridade divina do seu apostolado e da sua doutrina

6 Estou chocado de que estejais vos desviando tão depressa daquele que vos chamou pela graça de Cristo, para seguirem outro evangelho,

7 que na verdade, não é o Evangelho. O que acontece é que algumas pessoas vos estão confundindo, com o objetivo de corromper o Evangelho de Cristo.

8 Contudo, ainda que nós ou mesmo um anjo dos céus vos anuncie um evangelho diferente do que já vos pregamos, seja considerado maldito!

9 Conforme já vos revelei antes, declaro uma vez mais: qualquer pessoa que vos

KumaGalati 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos ndabizwayo ndaba ngumthunywa, ndingabizwanga mntu, okanye ndimiselwe mntu; koko ndibizwe nguYesu Krestu noThixo uYise, owamvusayo uYesu ekufeni.

2Mna namawethu onke akunye nam siyanibulisa, mabandla aseGalati, sithi:

3Wanga uThixo wethu neNkosi yethu uYesu Krestu anganenzela isisa, aniphe uxolo.

4UKrestu wancama ubomi bakhe ngenxa yezono zethu, ukuze asihlangule egunyeni leli hlabathi longendawo, ethobela ukuthanda kukaYise uThixo wethu.

5Makadunyiswe uThixo ngonaphakade! Amen.

Iindaba ezimnandi ezizodwa

6Ndinithele nqa ukuba nithi ngexeshana nje elingephi nibe senindlandlatheka emva kwezinye iindaba ezingathi zimnandi, nimfulathele lowo wanibizayo ngesisa sikaKrestu.

7Eneneni akukho ndaba zimbi zimnandi zizezinye, koko nditsho nje kuba kukho abantu abaniphazamisayo, bezama ukuzigqwetha iindaba ezimnandi ezingoKrestu.

8Kodwa ukuba kukho umntu, nokuba ndim, nokuba sisithunywa sezulu, oshumayela iindaba ezinxamnye nezo ndanishumayeza zona: uqalekisiwe lowo.

9Besenditshilo, nangoku ndiyaphinda, ndithi: Ukuba kukho bani onishumayeza iindaba ezingathi zimnandi eziphikisana

pregar um evangelho diferente daquele que já recebestes, seja amaldiçoado!

10 Porventura, procuro eu agora o louvor dos homens ou aprovação de Deus? Ou estou tentando ser apenas agradável às pessoas? Se ainda estivesse buscando agradar a homens, não seria servo de Cristo!

11 Caros irmãos, quero que saibais que o Evangelho por mim ensinado não é de origem humana.

12 Porquanto, não o recebi de pessoa alguma nem me foi doutrinado; ao contrário, eu o recebi diretamente de Jesus Cristo por revelação;

13 pois já ouvistes como fora o meu procedimento no judaísmo, como persegui violentamente a Igreja de Deus, procurando destrui-la.

14 E, no judaísmo, eu superava a maioria dos judeus da minha idade, e agia com extremo zelo em relação às tradições dos meus antepassados.

15 Todavia, Deus me separou desde o ventre de minha mãe e me chamou por sua graça. Quando, então, foi do seu agrado,

16 revelar o seu Filho em mim, para que eu o proclamasse entre os não-judeus, parti imediatamente e não pedi orientação a pessoa alguma.

17 Nem mesmo subi a Jerusalém para me aconselhar com os que já eram apóstolos antes de mim, mas sem me deter, segui

nezo senizamkele, loo mntu makaqalekiswe!

10Ngaba ndivakala ngathi ndifuna abantu babe ngakwicala lam na? Hayi, nguThixo kuphela endifuna abe ngakum. Niba ngaba ndizicengezela ebantwini? Ukuba bendizicengezela ebantwini, ngendingesiso isicaka sikaKrestu.

Ukubizwa kukaPawulos

11Mandiyithethe ngokuphandle, mawethu, into yokuba ezi ndaba ndizishumayelayo aziyonto nje equlunqwe ngumntu.

12Nam andizinikwanga mntu, futhi ndingazifundiswanga mntu; ndazityhilelwa nguYesu Krestu.

13Ndiyacinga ukuba senivile ngobomi bam ngokuya ndandingekaguquki ekulandeleni izithethe zonqulo lwamaJuda. Okuya ndandilitshutshisa ngokungenanceba ibandla likaThixo, ndifunzele ukulitshabalalisa.

14Kwezonqulo ndandigalawele kuneentanga zam ezininzi. Ndandibalasele ngenzondelelo kwizithethe zamanyange.

15Kodwa uThixo wandinyula ndingekazalwa, wandibiza ngenxa yesisa sakhe ukuba ndimsebenzele. Kuthe ke kwakukholeka kuThixo

16ukumbonakalisa uNyana wakhe kum, ukuze ndishumayele iindaba zakhe ezintlangeni, andabi sabuza nto mntwini,

17andabi saya nokuya naseJerusalem kubathunywa abadala kunam emsebenzini,

rapidamente para a Arábia e depois retornei a Damasco.

[18] Passados três anos, subi a Jerusalém a fim de conhecer Pedro pessoalmente, e estive com ele durante quinze dias.

[19] Não vi nenhum dos outros apóstolos, a não ser Tiago, irmão do Senhor.

[20] Sobre tudo quanto vos escrevo, afirmo diante de Deus que não há qualquer palavra mentirosa de minha parte.

[21] Em seguida, fui para as regiões da Síria e da Cilícia.

[22] E, até então, não era conhecido pessoalmente pelas igrejas de Cristo na Judéia.

[23] Eles apenas haviam ouvido a notícia: “Aquele que antes nos perseguia, agora está proclamando a mesma fé que outrora procurava destruir”.

18 vos seja possível, em união com todos os santos, compreender a largura, o comprimento, a altura e a profundidade dessa fraternidade,

19 e, assim, entender o amor de Cristo que excede todo conhecimento, para que sejais preenchidos de toda a plenitude de Deus.

10ukuze ngoku, ngalo ibandla, ubulumko bukaThixo obuntlobo-ntlobo buvakaliswe kuzo izilawuli nabasemagunyeni kweliphezulu.

11Le nto uThixo wayenza ngokwenjongo yakhe engunaphakade awayimisa ngoYesu Krestu iNkosi yethu.

12Ngokumanywa naye ke singena siyokutsho kuThixo ngenkqu sikhululekile, sinesibindi ngenxa yokukholwa kuye.

13Ndiyanibongoza ke ukuba ningadakumbi kukuba ndixhwalekile ngenxa yenu; le meko iludumo lwenu.

Uthando lukaKrestu

14Ngenxa yale nto ke, ndizikhahlela phantsi phambi koBawo,

15uYise walo lonke usapho olusezulwini nasemhlabeni.

16Ndiyambongoza ukuba ngobubele bakhe uSosidima anomeleze imo yenu entsha ngoMoya wakhe,

17khon' ukuze ngokholo uKrestu ahlale ngaphakathi kuni. Nanga ningasekelwa eluthandweni nendele.

18Nanga nina nosapho lukaThixo xa lulonke, ningalunakana ukuba lungakanani na ububanzi balo, lungakanani na ubude balo, kukwangakanani na ukuphakama kwalo nokuba nzulu kwalo uthando lukaKrestu,

19nilwazi nakuba lungenakwaziwa nje. Ewe, niye niphuphuma bubukho bukaThixo obugqibeleleyo.

[20] Àquele que é poderoso de realizar infinitamente mais do que tudo o que pedimos ou imaginamos, de acordo com o seu poder que age em nós,

[21] a Ele seja a glória na Igreja e em Cristo Jesus, por todas as gerações, por toda a eternidade. Amém!

Efésios 4

A unidade da fé

[1] Portanto, eu, prisioneiro no Senhor, suplico-vos que andeis de modo digno para com o chamado que recebestes,

[2] com toda humildade e mansidão, com paciência, suportando-vos uns aos outros em amor,

[3] procurando cuidadosamente manter a unidade do Espírito no vínculo da paz.

[4] Há um só corpo e um só Espírito, da mesma forma que a esperança para a qual fostes chamados é uma só;

[5] há um só Senhor, uma só fé, um só batismo,

[6] um só Deus e Pai de todos, que é sobre todos, por meio de todos e em todos.

[7] E a cada um de nós foi concedida a graça, conforme a medida repartida por Cristo.

[8] Por isso, é que foi declarado: “Quando Ele subia em triunfo às alturas, levou cativos muitos prisioneiros e distribuiu dons aos homens”.

[20]Ngoku ke, kulowo unako ukwenza ngaphezu kokuba sicela nokuba siqiqa, ngamandla akhe asebenza ngaphakathi kuthi:

[21]Makubekho udumo kuThixo ebandleni, nakuKrestu Yesu, kuse kuzo zonke izizukulwana ngonaphakade kanaphakade. Amen.

Kwabase-Efese 4

Umzimba: imbumba yamanyama

[1]Ngoko ke mna endingumbanjwa ngenxa yokuba ndisisicaka seNkosi, ndiyanibongoza: ziphatheni ngohlobo olungawuthobiyo umgangatho wendima enamiselwa yona nguThixo mhla wanibiza;

[2]nihlale nithobekile ngawo onke amaxesha, ninobulali nomonde, ninyamezelana ngothando.

[3]Zamelani ukuhlala ngoxolo niyilaa mbumba yamanyama wanenza nayiyo uMoya oyiNgcwele.

[4]Mnye umzimba kaloku, ukwamnye uMoya, kwanjengokuba lilinye nethemba enabizelwa kulo nguThixo.

[5]INkosi inye, nokholo lunye, nobhaptizo lukwalunye.

[6]Kanti ukwamnye noThixo onguYise woluntu luphela, olawula izinto zonke, esebenza ngezinto zonke, ekwakho kwiinto zonke.

[7]Umntu ngamnye wabelwe isiphiwo esisodwa ngangobubele bukaKrestu.

[8]Yiyo ke le nto iziBhalo zithi: “Unyukele ezulwini eqhuba abathinjwa, waza wabela abantu izipho.”

[9] O que significa "Ele subiu", senão que também desceu às partes mais baixas da Terra?

[10] Aquele que desceu é o mesmo que semelhantemente subiu muito além de todos os céus, para preencher tudo o que existe.

[11] Assim, Ele designou alguns para apóstolos, outros para profetas, outros para evangelistas e outros para pastores e mestres,

[12] com o propósito de aperfeiçoar os santos para a obra do ministério, para que o Corpo de Cristo seja edificado,

[13] até que todos alcancemos a unidade da fé e do conhecimento do Filho de Deus, e cheguemos à maturidade, atingindo a medida da estatura da plenitude de Cristo.

[14] O objetivo é que não sejamos mais como crianças, levados de um lado para o outro pelas ondas teológicas, nem jogados para cá e para lá por todo vento de doutrina e pela malícia de certas pessoas que induzem os incautos ao erro.

[15] Longe disso, seguindo a verdade em amor, cresçamos em tudo naquele que é a cabeça, Cristo.

[16] Dele todo corpo, ajustado e unido pelo auxílio de todas as juntas, cresce e edifica-se a si mesmo em amor, na medida em que cada parte realiza a sua função.

A santidade cristã é oposta aos costumes dos gentios

[9]Kuthetha ukuthini ke ukuthi unyukile? Kuthetha ukuthi wehla kuqala waya emathunjini omhlaba.

[10]Lowo ke wehlayo usekwangulo kanye wenyukela ngaphaya kwamazulu, khon' ukuze izinto zonke azizalise ngobukho bakhe.

[11]Nguye ke lo wababelayo izipho ezizezi abantu: Wabamisela bangabathunywa abanye, abanye bangabashumayeli, bangabavakalisi beendaba ezimnandi abanye, abanye bangabelusi nabefundisi.

[12]Wabanika ezi zipho zokulungiselela lonke usapho lukaThixo emsebenzini walo, ukuze kwakheke ibandla elingumzimba kaKrestu.

[13]Ekugqibeleni ke sonke siya kuba yiloo mbumba yamanyama iqulethwe lukholo lwethu, kwakunye nokwazi kwethu uNyana kaThixo; sibe ngabantu abakhule bagqibelela, silingane noKrestu ogqibeleleyo.

[14]Ngoku ke asisengobantwana abafane bakhukuliseke ngamaza, baphephetheke nayiyiphi na imimoya yeemfundiso zabakhohlisi abalahlekisa abantu ngobuqhetseba.

[15]Ndaweni yaloo nto inyaniso masiyithethe siqhutywa luthando, khon' ukuze siye simfuza uYesu ngokupheleleyo. Kaloku nguye intloko.

[16]Umzimba wonke uxhomekeke kuye; ilungu ngalinye limanywe namanye kuye. Ngoko ke le mbumba yamanyama ikhuliswa ngumsebenzi welungu ngalinye, izakhe ngothando.

Ubomi obutsha kuKrestu

[17] Sendo assim, eu vos afirmo, e no Senhor insisto, para que não mais viveis como os gentios, que vivem na inutilidade dos seus pensamentos.

[18] Eles estão com o entendimento mergulhado nas trevas e separados da vida de Deus por causa da ignorância em que vivem, devido ao embrutecimento do seu coração.

[19] Havendo perdido toda a sensibilidade, eles se entregaram a um estilo de vida depravado, cometendo com avidez toda a espécie de impureza.

[20] Entretanto, não foi isso que vós aprendestes de Cristo!

[21] Se é que de fato o ouvistes e nele fostes discipulados, conforme a verdade que está em Jesus.

[22] Quanto à antiga maneira de viver, fostes instruídos a vos despirdes do velho homem, que se corrompe por desejos enganosos,

[23] a serdes renovados no vosso modo de raciocinar e

[24] a vos revestirdes do novo homem, criado para ser semelhante a Deus em justiça e em santidade provenientes da Verdade.

[25] Portanto, cada um de vós deve abandonar a mentira e falar a verdade ao seu próximo, pois todos somos membros de um mesmo Corpo.

[26] "Estremecei de ira, mas não pequeis", acalmai a vossa raiva antes que o sol se ponha,

[27] e não deis lugar ao Diabo.

[28] Aquele que roubava, não roube mais; pelo contrário, trabalhe, fazendo com as

[17]Ngoko ke ndiyanibongoza ndinilumkisa egameni leNkosi. Yahlukanani nokuziphatha ngokwabahedeni abangqiqo ziphuthileyo,

[18]abangqondo zimfiliba. Abananxaxheba kubomi bukaThixo, kuba basemnyameni ombonde-mbonde, baqaqadekile.

[19]Baphelelwe ziintloni, bazilahlele emanyaleni nasekungcoleni, bangooncanyelweni.

[20]Kodwa ke nina animfundanga ngolo hlobo uKrestu.

[21]Kambe senivile ngaye, ibe ke njengamaKrestu niyifundisiwe inyaniso kaKrestu.

[22]Ngoko ke silahleni isimo senu esidala. Besinilahlekisa ngeenkanuko ezingendawo ezinirhuqela ekufeni.

[23]Iintliziyo zenu mazihlaziyeke ngokupheleleyo.

[24]Thathani isimo esitsha esidalwe safuza uThixo, esizibonakalisa ngobomi obumsulwa, obungcwele, obunyanisekileyo.

[25]Ngoko ke musani ukuba saxoka! Elowo makathethe inyaniso nowabo, kuba xa sisonke singamalungu omzimba kaKrestu.

[26]Xa nicaphukile, umsindo mawunganiqweqwediseli esonweni; futhi malingade litshone ilanga ninomsindo.

[27]Umtyholi musani ukumvulela indawo ebomini benu.

[28]Umntu obekade elisela makahlukane nokuba. Ndaweni yaloo nto makasebenze

mãos o que é bom, para que tenha o que repartir com quem está atravessando um período de necessidade.

29 Não saia da vossa boca nenhuma palavra que cause destruição, mas somente a que seja útil para a edificação, de acordo com a necessidade, a fim de que comunique graça aos que a ouvem.

30 E não entristeçais o Espírito Santo de Deus, com o qual fostes selados para o dia da redenção.

31 Toda amargura, cólera, ira, gritaria e blasfêmia sejam eliminadas do meio de vós, bem como toda a maldade!

32 Pelo contrário, sede bondosos e compassivos uns para com os outros, perdoando uns aos outros, da mesma maneira como Deus vos perdoou em Cristo.

Efésios 5

1 Portanto, sede imitadores de Deus, como filhos amados;

2 e andai em amor como Cristo, que também nos amou e se entregou por nós a Deus como oferta e sacrifício com aroma suave.

3 Entre vós não deve haver nem sequer menção de imoralidade sexual como também de nenhuma espécie de impureza e de cobiça; pois essas atitudes não são adequadas aos santos.

4 Não haja obscenidades, nem conversas tolas, nem gracejos imorais, que são inconvenientes, mas, ao invés disso, portai-vos com ações de graça.

5 Porquanto, podeis estar bem certos disto: nenhum imoral, ou impuro, ou ganancioso,

enyanisekile, azixhase, abe nako nokunceda abahlelelekileyo.

29Intetho ekrwada mayingaphumi emilonyeni yenu. Ukuthetha kwenu makuthambe, kube kokwakhayo, ukuze kube luncedo nentsikelelo kwabaphulaphuleyo.

30Musani ukumdakumbisa uMoya oyiNgcwele kaThixo, kuba uniphawulele umhla wokugqibela wenkululeko.

31Yahlukanani nayo yonke inzondo, iphuku, nomsindo; ukuthukisa, nokunyelisa nalo lonke ulunya.

32Ndaweni yaloo nto yenzelanani ububele ninobulali, nixolelane, kwanjengokuba naye uThixo wanixolelayo ngoKrestu.

Kwabase-Efese 5

Hlalani ekukhanyeni

1Njengoko ke ningabantwana bakaThixo abaziintanda, fuzani yena.

2Hlalani nithandana kanye ngale ndlela wanithanda ngayo uKrestu. Yena wazincama ngenxa yenu, wazenza umnikelo nedini elivumba limnandi kuThixo.

3Nanjengoko nilusapho lukaThixo, makungakhankanywa phakathi kwenu ukurheletya nako konke ukungcola nokunyoluka.

4Izinto ezinjengokuthetha krwada, nokulavuza, neentetho ezingcolileyo, azinto zinifaneleyo konke. Nifanelwe kukuhlala nibulela uThixo nina endaweni yezi zinto.

5Yiqondeni kakuhle into yokuba akukho mntu urheletyayo, nongcolileyo,

que é idólatra, tem herança no Reino de Cristo e de Deus.

nosisinyolunyolu, uya kubuxhamla ubuncwane bokulawulwa nguKrestu nanguThixo. Kaloku ukunyoluka yenye indlela yokunqula izithixo.

[6] Ninguém vos engane com palavras destituídas de sabedoria; porque é justamente devido a esse comportamento que a ira de Deus vem sobre os filhos da desobediência.

[6]Ningavumeli bani anikhohlise ngentetho ephuthileyo. Zizinto ezinjalo kanye eziza nengqumbo kaThixo kwabo bangamthobeliyo.

[7] Portanto, não sejais participantes com eles.

[7]Nina ke ningazibandakanyi nabantu abanjalo.

[8] Pois, no passado éreis trevas, mas agora sois luz no Senhor. Assim, andai como filhos da luz,

[8]Nani benifudula nihleli ebumnyameni. Nithe ke nakuba ngamaKrestu, nasekukhanyeni. Ngoko ke ziphatheni ngokwabantu abaqheleneyo nokukhanya.

[9] porquanto, o fruto da luz consiste em toda bondade, justiça e verdade;

[9]Kaloku apho kukhoyo ukukhanya, kulapho kuntshula khona konke ukulunga, nabo bonke ubulungisa, nenyaniso.

[10] e aprendei a discernir o que é agradável ao Senhor.

[10]Zamani ukukuqonda ukuthanda kweNkosi;

[11] E não vos associeis às obras infrutíferas das trevas; pelo contrário, condenai-as;

[11]ningazibandakanyi nezinto zobumnyama eziphuthileyo ezenziwa ngabantu. Ndaweni yaloo nto zibhenceni ekukhanyeni ezo zinto, zibonakale icace into eziyiyo.

[12] pois é vergonhoso até mesmo mencionar as coisas que fazem às escondidas.

[12]Kungaziintloni nokuwathetha amanyundululu abawenza ngasese.

[13] Mas todas essas atitudes, sendo condenadas, manifestam-se pela luz, pois absolutamente tudo se torna visível diante da luz.

[13]Kodwa ke xa zisekukhanyeni zonke izinto, ziyacaca into eziyiyo;

[14] Por isso é que foi dito: “Desperta, ó tu que dormes, levanta-te dentre os mortos e Cristo resplandecerá sobre a tua pessoa”.

[14]kuba kaloku yonke into ecacileyo isekukhanyeni. Yiyo le nto kuthiwa: “Phaphama, thongorhandini, uvuke ekufeni; uKrestu wokukhanyisela.”

[15] Portanto, estai atentos para que o vosso procedimento não seja semelhante aos insensatos, mas andai em sabedoria,

[15]Ngoko ke yigqaleni indlela eniziphatha ngayo. Yibani ngabantu abanengqondo; musani ukuba ziziyatha.

[16] aproveitando bem cada oportunidade, porque os dias são maus.

[17] Portanto, não sejais faltos de juízo, mas buscai compreender qual é à vontade do Senhor.

[18] E não vos embriagueis com vinho, que leva à devassidão, mas deixai-vos encher pelo Espírito,

[19] falando entre vós com salmos, hinos e cânticos espirituais, cantando e louvando de coração ao Senhor,

[20] e cotidianamente dando graças por tudo a Deus, o Pai, em o Nome de nosso Senhor Jesus Cristo,

[21] sujeitando-vos uns aos outros no temor de Cristo.

Os deveres domésticos

[22] Esposas, cada uma de vós respeitai ao vosso marido, porquanto sois submissas ao Senhor;

[23] porque o marido é o cabeça da esposa, assim como Cristo é o cabeça da Igreja, que é o seu Corpo, do qual Ele é o Salvador.

[24] Assim como a igreja está sujeita a Cristo, de igual modo as esposas estejam em tudo sujeitas a seus próprios maridos.

[25] Maridos, cada um de vós amai a vossa esposa, assim como Cristo amou a sua Igreja e sacrificou-se por ela,

[26] a fim de santificá-la, tendo-a purificado com o lavar da água por meio da Palavra,

[16]Eli thuba ninalo lisebenziseni kakuhle, kuba akho amaxesha amabi.

[17]Musani ukuba zizidenge ke; nina zamani ukuqonda ukuthanda kweNkosi.

[18]Musani ukunxila butywala obunonakalisayo. Ndaweni yaloo nto phuphumani nguMoya oyiNgcwele,

[19]nincokola ngeendumiso namaculo, neengoma, nivuma iingoma niyidumisa iNkosi ngentliziyo.

[20]Bulelani uThixo uBawo wethu imihla ngemihla ngenxa yeento zonke, ngegama leNkosi yethu uYesu Krestu.

Amakhosikazi nabayeni bawo

[21]Thobelanani, niqhutywa kukuba noKrestu nimthobela.

[22]Nina makhosikazi, bathobeleni ngokuzinikela abayeni benu, kanye ngale ndlela niyithobela ngayo iNkosi.

[23]Kaloku indoda iyintloko yomfazi, kanye njengokuba noKrestu eyintloko yebandla. Ke yena uKrestu ukwanguMhlanguli walo ibandla elingumzimba wakhe.

[24]Ngoko ke abafazi mabawathobele ngokupheleleyo amadoda abo, kanye ngale ndlela ibandla lizinikele ngayo ekuthobeleni uKrestu.

[25]Nina madoda, bathandeni abafazi benu, kanye ngale ndlela alithande ngayo uKrestu ibandla, waza wanikela ngobomi bakhe ngenxa yalo.

[26]Le nto uyenze ukuze libe libango lakhe ibandla. Ulicocile walihlamba ngamanzi ngamandla elizwi lakhe,

[27] e para apresentá-la a si mesmo como Igreja gloriosa, sem mancha nem ruga ou qualquer outra imperfeição, mas santa e inculpável.

[27]khon' ukuze azithathele lona liyinzwakazi, linyulu, lingenasici, lingenabala nakushwabana nasinye isiphako.

[28] Sendo assim, o marido deve amar sua esposa como ama o seu próprio corpo. Quem ama sua esposa, ama a si mesmo!

[28]Ngoko ke amadoda afanele ukuba nebhongo lokubathanda abafazi bawo, kanye ngale ndlela azithanda ngayo iziqu zawo. Indoda emthandayo umfazi wayo iyazithanda.

[29] Pois ninguém jamais odiou o próprio corpo, antes o alimenta e dele cuida, assim como Cristo zela pela Igreja,

[29](Akakho umntu ongazithandiyo, endaweni yaloo nto uyazondla azixhase, kanye njengokuba noKrestu elilungiselela ibandla.

[30] pois somos membros do seu Corpo.

[30]Kaloku singamalungu omzimba wakhe.)

[31] "Por este motivo, o homem deixará pai e mãe e se unirá à sua esposa, e os dois se tornarão uma só carne."

[31]Kunjengoko neziBhalo zisitsho ukuthi: "Ngoko ke indoda iya kumshiya uyise nonina, imanywe nomfazi wayo, baze abo babini badibane babe banye."

[32] Este é um mistério grandioso; refiro-me, contudo, à união entre Cristo e sua Igreja.

[32]La mazwi atyhila inyaniso enzulu; ke mna ndithi isingisele kuKrestu nebandla.

[33] Portanto, cada um de vós amai a sua esposa como a si mesmo, e a esposa trate o marido com todo o respeito.

[33]Kambe ke ikwasingisele nakuni. Ngoko ke yonke indoda mayimthande umfazi wayo, kanye ngale ndlela izithanda ngayo nayo. Ngokukwanjalo ke wonke umfazi makayihlonele indoda yakhe.

Efésios 6

Kwabase-Efese 6

Abantwana nabazali

[1] Filhos, obedecei a vossos pais no Senhor, porquanto isto é justo.

[1]Bantwana, bathobeleni abazali benu nimanywe neNkosi nje, kuba kulunge kanye ukwenjenjalo.

[2] "Honra a teu pai e tua mãe"; este é o primeiro mandamento com promessa,

[2]"Beka uyihlo nonyoko." Lo ngumyalelo wokuqala onesithembiso esithi:

[3] para que vivas bem e tenhas vida longa sobre a terra.

[3]"Uya kuba namathamsanqa, nemihla yakho yolulwe emhlabeni."

[4] E vós, pais, não provoqueis a ira dos vossos filhos, mas educai-os de acordo com a disciplina e o conselho do Senhor.

[4]Nina ke, bazali, abantwana musani ukubaphatha gadalala, bade babe

nenzondo, koko banikeni ingqeqesho nemiyalo yobuKrestu.

[5] Quanto a vós outros, escravos, obedecei a vossos senhores terrenos com todo o respeito e temor, com sinceridade de coração, como a Cristo,

[6] não servindo à vista, como para agradar a homens, mas como servos de Cristo, fazendo de coração, a vontade de Deus,

[7] servindo de boa vontade como se servissem ao Senhor e não aos homens.

[8] Certos de que cada um, seja escravo, seja livre, receberá do Senhor a recompensa por todo o bem que fizer.

[9] E vós, senhores, de igual modo procedei para com vossos servos. Abandonai as ameaças, pois tendes conhecimento que o mesmo Senhor deles é vosso Senhor também, que está no céu e não faz diferença entre pessoas.

A armadura de Deus

[10] Concluindo, fortalecei-vos no Senhor e na força do seu poder!

[11] Revesti-vos de toda a armadura de Deus, para poderdes ficar firmes contra as ciladas do Diabo;

[12] Porquanto, nossa luta não é contra seres humanos, e sim contra principados e potestades, contra os dominadores deste sistema mundial em trevas, contra as forças espirituais do mal nas regiões celestiais.

[13] Por esse motivo, vesti toda a armadura de Deus, a fim de que possais resistir firmemente no dia mau e, havendo

Izicaka nabaphathi

[5]Nina zicaka, bathobeleni abaphathi benu balapha emhlabeni, ninentlonipho, niqhutywa kukunyaniseka, ngokungathi nikhonza uKrestu ngenkqu.

[6]Ningatshakazi nenze izinto ngenjongo yokuzithandekisa ebantwini, koko yenzani ukuthanda kukaThixo ngomxhelo wenu wonke, njengezicaka zikaKrestu.

[7]Umsebenzi wenu wenzeni ngemincili, ngokungathi niwenzela iNkosi, aniwenzeli mntu.

[8]Ze nikhumbule ukuba umntu ngamnye uya kuvuzwa yiNkosi ngomsebenzi omhle, nokuba loo mntu sisicaka nokuba akasiso.

[9]Nani baphathi yenzani kwangokunjalo ngokubhekiselele kwizicaka zenu. Yekani ukusoloko nizigrogrisa. Khumbulani ukuba nina kwakunye nezicaka zenu ningabeNkosi enye esezulwini, egweba wonke umntu ingenamkhethe.

UmKrestu edabini

[10]Elokuphetha ndithi njengokuba nimanywe neNkosi nje, yomelelani nincedwa ngamandla ayo.

[11]Nxibani sonke isikrweqe eninokusifumana kuThixo, ukuze nibe nako ukumelana nabo bonke ubuqhokolo bukaSathana.

[12]Kuba kweli dabi lethu asilwi nabantu, kodwa silwa nemimoya ekhohlakeleyo esesibhakabhakeni, izilawuli, nabasemagunyeni, kunye nemimoya engcolileyo yeli phakade lobumnyama.

[13]Ngoko ke xhobani ngezikrweqe zikaThixo, ukuze nibe nako ukuxhathisa xa

batalhado até o final, permanecereis inabaláveis, sem retroceder.

[14] Estai, portanto, firmes, trazendo em volta da cintura a verdade e vestindo a couraça da justiça,

[15] calçando os vossos pés com a proteção do Evangelho da paz;

[16] embraçando sempre o escudo da fé, com o qual podereis apagar todas as setas inflamadas do Maligno.

[17] Usai igualmente o capacete da salvação e a espada do Espírito, que é a Palavra de Deus.

[18] Orai no Espírito em todas as circunstâncias, com toda petição e humilde insistência. Tendo isso em mente, vigiai com toda a perseverança na oração por todos os santos.

[19] Orai do mesmo modo por mim para que, quando eu falar, seja-me concedido o poder da mensagem, a fim de que, destemidamente, possa revelar o mistério do Evangelho,

[20] pelo qual sou embaixador preso em correntes. Orai para que, permanecendo em Cristo, eu seja ousado para falar, como me cumpre fazê-lo.

Tíquico, o portador desta epístola. Saudações finais

[21] E, para que vós também possais saber como estou e o que estou fazendo, Tíquico, irmão amado e fiel ministro no Senhor, vos informará de tudo.

kunyembelekile, nize nifeze konke nimile ngxishi.

[14]Ngoko ke hlalani niqulile. Bhinqani ngenyaniso; ninxibe ubulungisa ukukhusela isifuba.

[15]Ezinyaweni nxibani inkuthalo yokuhlala nichophele ukuvakalisa iindaba ezimnandi zoxolo.

[16]Ngamaxesha onke ukukholwa makube likhaka lenu; ngokholo noba nako ukuzicima zonke iintolo ezivuthayo zikaSathana.

[17]Entloko thwalani usindiso. Phathani ilizwi likaThixo libe likrele enilinikwa nguMoya.

[18]Zinikeleni ngokupheleleyo ekuthandazeni. Thandazani maxa onke niqhutywa nguMoya. Ngesi sizathu ke hlalani nithe qwa, ningancami, nisoloko nibathandazela abantu bakaThixo.

[19]Nam ndithandazeleni, ukuze uThixo andiphe udaba xa ndithethayo, ndibe nesibindi sokuyivakalisa injongo yakhe eyayifihlakele, ndixela iindaba ezimnandi.

[20]Mna ndingunozakuzaku obanjiweyo ngenxa yazo. Ndithandazeleni ukuze ndithethe ngesibindi, njengoko kufuneka ndenjenjalo kakade.

Imibuliso yokwahlukana

[21]Njengoko kuyimfanelo ukuba nive ngemeko nempilo yam, uTikiko uya kunazisa ngazo zonke ezo ndaba. Yena nguwethu othandekayo, isicaka esithembekileyo emsebenzini weNkosi.

[22] Foi com esse objetivo que eu vo-lo enviei, para que saibais da nossa situação e para que ele vos console o coração.

[23] A paz esteja com os irmãos, bem como o amor com fé, da parte de Deus Pai e do Senhor Jesus Cristo.

[24] A graça seja com todos os que amam a nosso Senhor Jesus Cristo com amor sincero e incorruptível.

[22]Yiyo ke le nto ndimthuma kuni: ndenzele ukuba anazise ngayo yonke imeko yam, anivuselele.

[23]Wanga uThixo uYise neNkosi uYesu Krestu angawapha uxolo nothando nokholo onke amawethu.

[24]Lwanga ubabalo lukaThixo lungahlala kubo bonke abayithanda ngothando olungatshitshiyo iNkosi uYesu Krestu.

Filipenses	KwabaseFilipi

Filipenses 1

Prefácio e saudação

[1] Paulo e Timóteo, servos de Cristo, a todos os santos em Cristo Jesus que estão com os bispos e diáconos em Filipos:

[2] graça e paz a vós outros, da parte de Deus, nosso Pai, e do Senhor Jesus Cristo.

O amor de Paulo para com os filipenses, pelo motivo da sua fidelidade ao evangelho

[3] Dou graças ao meu Deus todas as vezes que me recordo de vós.

[4] Em todas as minhas súplicas em vosso benefício, sempre oro com alegria,

[5] em razão da vossa cooperação na causa do Evangelho, desde o primeiro dia até agora.

[6] E estou plenamente convicto de que aquele que iniciou boa obra em vós, há de concluí-la até o Dia de Cristo Jesus.

[7] Ora, é justo que eu me sinta assim a respeito de todos vós, pois estais em meu coração, já que todos sois participantes comigo da graça, tanto nas correntes que me prendem, quanto na defesa e na confirmação do Evangelho.

[8] Deus é minha testemunha, da saudade que sinto de todos vós, com a terna misericórdia de Cristo Jesus.

KwabaseFilipi 1

Isingeniso

[1]Kubhala mna Pawulos kunye noTimoti, izicaka zikaKrestu. Sibhalela usapho lukaThixo olumanywe noKrestu, lungabemi eFilipi, ndawonye nabakhokeli bebandla kunye nabancedisi.

[2]Sithi: Wanga uThixo uBawo wethu neNkosi uYesu Krestu anganenzela isisa, aniphe uxolo.

Umbulelo novuyo lukaPawulos

[3]Ndisoloko ndimbulela qho uThixo wam xa ndinicinga.

[4]Naxa ndinikhumbulayo emthandazweni, ndinithandazela nonke ngovuyo,

[5]ngenxa yendlela enasebenzisana ngayo nam kwamhla-mnene kumsebenzi wam wokuhambisa iindaba ezimnandi, kude kube ngoku.

[6]Yaye ndiqinisekile ngale ndawo yokuba lo msebenzi mhle awuqalileyo uThixo kuni, uya kude awuqabelise ngeMini kaKrestu uYesu.

[7]Nina kum nihlala nisenyongweni; yiyo ke le nto ndinyanzelekile ukuba ndinithathe ngolu hlobo. Kaloku nani niyixhamle inyhweba endiyinikwe nguThixo, ngoku kanye ndisentolongweni, naxa iindaba ezingoKrestu ndizilwelayo ndizimela kananjalo.

[8]UThixo uyazi ukuba ndinyanisile xa ndithi ndinilangazelela kanye ngale ndlela uKrestu anilangazelela ngayo.

[9] E suplico isto em oração: que o vosso amor fraternal cresça cada vez mais no pleno conhecimento e em todo entendimento,

[10] a fim de que possais discernir o que é melhor, para que vos torneis puros e irrepreensíveis até o dia de Cristo,

[11] plenos do fruto de justiça, fruto este que vem por meio de Jesus Cristo, para glória e louvor de Deus.

A prisão de Paulo contribui para proveito do evangelho

[12] Desejo, portanto, irmãos, que saibais que tudo o que me aconteceu tem, ao contrário, servido para o progresso do Evangelho,

[13] de tal maneira a ficar evidente para toda a guarda do palácio e para todos os demais que é por causa de Cristo que estou na prisão.

[14] E os irmãos, em sua maioria, motivados no Senhor por minhas algemas, ousam pregar com mais coragem e determinação a Palavra de Deus.

[15] É verdade, contudo, que alguns proclamam a Cristo por inveja e rivalidade, porém outros o fazem com boas intenções.

[16] Estes o fazem por amor, conscientes de que fui posto aqui para defesa do Evangelho;

[17] mas aqueles outros, anunciam Cristo apenas por ambição egoísta, sem sinceridade, imaginando que podem aumentar o sofrimento ocasionado por essas minhas algemas.

[18] Todavia, que importa? O importante é que de qualquer forma, seja por motivos escusos ou nobres, Cristo está sendo

[9]Umthandazo wam kukuba ze niye nikhula ngokukhula eluthandweni naselwazini oluphangaleleyo, nibe nombono onzulu,

[10]ukuze nibe nokukwazi ukuzicalu-calula izinto. Xa kunjalo ke iMini kaKrestu yofika ningenasiphako, nimsulwa,

[11]ubomi benu buqhelezela sisidima esinokuveliswa nguKrestu kuphela, ukuze uThixo abongwe adunyiswe.

Ubomi bunguKrestu

[12]Ndifuna nazi, mawethu, ukuba izinto ezandihlelayo zanceda ekuziqhubeleni phambili, endaweni yokuzidodobalisa, iindaba ezingoKrestu.

[13]Ngenxa yaloo nto ke bonke abalindi bebhotwe, kunye nabo bonke abanye abalapha, bayazi ukuba ndisentolongweni njekungenxa yokuba ndisisicaka sikaKrestu.

[14]Loo nto ke ibangela ukuba amakholwa ayithembe iNkosi, athathe unyawo ukulishumayela oku ilizwi likaThixo.

[15]Kanti ke abanye uKrestu bamshumayela ngomona nangolunya, bambi ke bona bamshumayela ngomoya omhle.

[16-17]Abo ke baqhutywa luthando, kuba bayazi ukuba uThixo undiphathise umsebenzi wokukhusela udaba olungoKrestu. Kodwa abanye aba bona uKrestu abamshumayeli benyanisekile, koko bamshumayela ngomoya wokuzigwagwisa, becinga ukuba bangandivusela inkathazo engaphezulu ngoku ndibanjiweyo kakade.

[18]Akukhathaliseki! Nokuba bamshumayela ngomoya ombi okanye benyanisekile, oko

proclamado, e por isso me alegro. Em verdade, sempre me alegrarei!

[19] Pois estou certo de que o que se passou comigo resultará em libertação para mim, graças às vossas súplicas e pelo socorro do Espírito de Jesus Cristo.

[20] Aguardo com ansiedade e grande esperança, que em nada serei decepcionado; pelo contrário, com toda a intrepidez, tanto agora como em todos os dias, Cristo será engrandecido no meu corpo, seja durante a vida, ou mesmo na hora da morte.

[21] Porque para mim, o viver é Cristo e o morrer é lucro!

[22] Caso continue vivendo no corpo, certamente apreciarei o fruto do meu labor. Mas já não sei o que escolher.

[23] Sinto-me conclamado pelos dois lados: desejo partir e estar com Cristo, o que é infinitamente melhor;

[24] mas, entendo que, por vossa causa, é mais necessário que eu permaneça no corpo.

[25] Portanto, imbuído dessa confiança, creio que vou permanecer e continuar com todos vós, para o vosso progresso e alegria na fé,

[26] a fim de que, pela minha presença, uma vez mais a vosso louvor e glória em Cristo Jesus transborde por minha causa.

Exortação à perseverança, ao amor fraternal, à humildade e à santidade

[27] Portai-vos como cidadãos dignos do Evangelho de Cristo, para que dessa forma, quer eu vá e vos veja, quer tão-somente ouça a vosso respeito em minha ausência, tenha eu conhecimento de que permaneceis firmes

nje eshunyayelwa uKrestu, ndiyavuya mna, ndaye ke ndisaya kuvuya.

[19]Kaloku ndiyazi ukuba ngemithandazo yenu, nangoncedo loMoya kaYesu Krestu ndiya kusinda.

[20]Umnqweno nethemba lam kukuba ndinganikezeli, kodwa ngamaxesha onke, ingakumbi ngoku, ndikhuthale, ukuze ubume bam bonke bunike isidima kuKrestu, ndiphila okanye ndifile.

[21]Kambe ke, ukudla ubomi, kum kukuthobela uKrestu. Ukufa ke kona kuzisa lukhulu.

[22]Kodwa ke ukuba ukudla kwam ubomi kululutho, ndingakhetha ndithini?

[23]Ndixakiwe. Ndiyakulangazelela ukufuduka ndiye kuKrestu, nto leyo ibhetele kakhulu.

[24]Kodwa ngenxa yenu kubalulekile ngaphezulu ukuba ndidle ubomi.

[25]Ngale yona into ndiqinisekile, futhi ndiyazi ukuba ndisaza kuphila. Ndisaza kuhlala ndinincede, niqhubele phambili, lukhule uvuyo nokholo lwenu.

[26]Xa ndiphinde ndafika ke apho kuni noba nebhongo ngakumbi ngoYesu Krestu ngenxa yobukho bam.

[27]Ngoko ke ziphatheni ngendlela engqinelana neendaba ezingoKrestu. Nokuba ndizile ndanibona, okanye ndiyeva nje ngani, mandive ukuba nimi ngxishi moyeni mnye, ninenjongo enye

num só espírito, combatendo unânimes em prol da fé evangélica,

[28] sem de maneira alguma vos deixardes constranger por aqueles que se opõem à vossa fé. Para eles, isso é sinal de perdição, entretanto, para vós, de salvação, e isso vem da parte de Deus.

[29] Porquanto, por amor de Cristo vos foi concedida a graça de não somente crer em Cristo, mas também de sofrer por Ele,

[30] considerando que estais passando pela mesma luta que me viram combater e agora ouvis que ainda enfrento.

yokuncedisana, nisilwela ukuthotyelwa kweendaba ezingoKrestu.

[28]Musani ukoyikiswa ziintshaba zenu. Loo nto iya kuzenza ziqonde ukuba ziya kwantshabalalo, nina niya elusindisweni, ibe ke uloyiso luvela kuThixo.

[29]Kuba kaloku ilungelo lenu njengabamanywe noKrestu alipheleli ekukholweni kuye kuphela, koko lifikelela nasekubeni nive ubunzima ngenxa yakhe.

[30]Nina nam sisedabini elinye. Nakha nandibona ndikulo, futhi ikwaleli nivayo ukuba nangoku ndisekulo.

Filipenses 2

[1] Portanto, se por estarmos em Cristo, temos algum poder, algum encorajamento de amor, alguma comunhão no Espírito, alguma profunda fraternidade e compaixão,

[2] completai a minha alegria, tendo o mesmo modo de pensar, o mesmo amor, um só espírito e uma só atitude.

[3] Nada façais por rivalidade nem por vaidade; pelo contrário, cada um considere, com toda a humildade, as demais pessoas superiores a si mesmo.

[4] Cada um zele, não apenas por seus próprios interesses, mas igualmente pelos interesses dos outros.

[5] Tende em vós o mesmo sentimento que houve também em Cristo Jesus,

[6] o qual, tendo plenamente a natureza de Deus, não reivindicou o ser igual a Deus,

KwabaseFilipi 2

Intobeko nobukhulu bukaKrestu

[1]Njengoko kobu bomi bethu, simanywe noKrestu, kukho inkuthazo, kukho nokuvuseleleka kothando, nokudlelana koMoya, kukho nobubele novelwano,

[2]ngoko ke ndaneliseni nindivuyise ngokuba nibe banye ngezimvo nangothando, nibanye ngengqondo, nizamela ukuba nibe yimbumba yamanyama.

[3]Musani ukusunduzana. Izinto sanukuzenza ngokuzigwagwisa nangokuqhayisa. Ndaweni yaloo nto zithobeni, nibaphakamise kunani abanye abantu.

[4]Izinto abanomdla kuzo abanye zixabiseni nazo, ningakhathaleli izinto eninomdla kuzo kuphela.

[5]Njengoko nimanywe noYesu Krestu izimvo zenu mazifane nezakhe; kuba kaloku:

[6]Nakuba ubume bakhe babunguThixo ngenkqu, ukulingana noThixo akakubawelanga kangangokude afune ukusunduzana naye.

[7] mas, pelo contrário, esvaziou-se a si mesmo, assumindo plenamente a forma de servo e tornando-se semelhante aos seres humanos.

[8] Assim, na forma de homem, humilhou-se a si mesmo, entregando-se à obediência até a morte, e morte de cruz.

[9] Por isso, Deus também o exaltou sobremaneira à mais elevada posição e lhe deu o Nome que está acima de qualquer outro nome;

[10] para que ao Nome de Jesus se dobre todo joelho, dos que estão nos céus, na terra e debaixo da terra,

[11] e toda a língua confesse que Jesus Cristo é o Senhor, para a glória de Deus Pai.

[12] Sendo assim, meus amados, como sempre obedecestes, não somente na minha presença, porém muito mais agora na minha ausência, colocai em prática a vossa salvação com reverência e temor a Deus,

[13] pois é Deus quem produz em vós tanto o querer como o realizar, de acordo com sua boa vontade.

[14] Fazei tudo sem murmurações nem contendas;

[15] para que vos torneis puros e irrepreensíveis, filhos de Deus inculpáveis, vivendo em um mundo corrompido e perverso, no qual resplandeceis como grandes astros no universo,

[16] retendo firmemente a Palavra da vida, para que, no dia de Cristo, eu tenha motivo

[7]Ndaweni yaloo nto waziqongqotha ubuyena, wathatha isimo sesicaka, waba ngumntu ncakasana. Engumntu ebantwini,

[8]wazambesa intobeko, ntobeko leyo yamsa ekufeni – ukufa kwasemnqamlezweni.

[9]Kungoko ke athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamthi jize ngelona gama lingaphezu kwawo onke amanye amagama,

[10]ukuze bonke abaphilayo, ezulwini, emhlabeni, naphantsi komhlaba, bagobe amadolo benika imbeko kwigama likaYesu;

[11]bathi bebonke bavume bengafihlisi ukuba uYesu Krestu yiNkosi, bebonakalisa ubungangamsha bukaThixo onguBawo.

Ukufezekisa injongo kaThixo ngosindiso lwethu

[12]Nani ke, zihlobo zam, njengoko nihlala nimthobela uThixo xa ndilapho, nangoku ke kubaluleke ngakumbi ukuba nimthobele nokuba ndikude. Lufezekiseni usindiso enilunikwe nguThixo, ninembeko nentlonipho.

[13]Kuba kaloku nguThixo ngokwakhe oninika amandla okuzimisela nokusebenza, ukuze nithobele injongo yakhe.

[14]Yonke into enimelwe kukuyenza yenzeni ngaphandle kokukhalaza nokuxambulisana,

[15]niziphathe nyulu ningenagxeke, njengosapho lukaThixo olungabekwa bala phakathi kwabantu abakhohlakeleyo beli phakade. Khanyani phakathi kwabo njengeenkwenkwezi zikhanya esibhakabhakeni,

[16]nibanika iindaba zobomi. Xa nenjenjalo ke, noba libhongo lam ngaloo Mini

de me gloriar no fato de que não foi inútil que corri e trabalhei.

[17] Contudo, ainda que a minha vida esteja sendo derramada como oferta juntamente com o sacrifício e o serviço provenientes da vossa fé, alegro-me e me congratulo com todos vós.

[18] E, pelo mesmo motivo, alegrai-vos e acompanhai-me neste júbilo!

Elogio de Timóteo e Epafrodito, os mensageiros de Paulo junto aos filipenses

[19] Tenho esperança no Senhor Jesus de que, em breve, vos poderei enviar Timóteo, para que eu também me anime, recebendo notícias vossas.

[20] Pois não tenho ninguém que tenha esse mesmo sentimento, que sinceramente zele por vosso bem-estar.

[21] Porquanto, todos procuram cuidar apenas de seus próprios interesses, e não se dedicam ao que é de Cristo Jesus.

[22] Entretanto, sabeis vós que Timóteo foi aprovado porque serviu comigo na ministração do Evangelho, como um filho cooperando com seu pai.

[23] Portanto, é ele quem espero vos enviar, tão logo tenha certeza sobre minha situação,

[24] tendo fé no Senhor que, em breve, também eu poderei ir ter convosco.

[25] Mesmo assim, creio que será necessário enviar-vos de volta Epafrodito, meu querido irmão, auxiliador e companheiro de lutas, mensageiro a quem enviastes para me ajudar nas minhas necessidades.

kaKrestu, kuba kaloku kobonakala ukuba andifumananga ndabulaleka elugqatsweni nasemsebenzini.

[17]Kodwa nokuba kutheni ndingavuya, nokuba igazi lam lingade liphalazwe njengomnikelo ngenxa yokholo lwenu – kholo olo lulidini enilinikela kuThixo. Ndiyavuya, kunjalonje nani vuyani.

[18]Kwakhona ndithi vuyani, nam nindonwabise.

UTimoti noEpafrodito

[19]INkosi ivuma, ndinethemba lokuba kwakamsinya ndoba nako ukumthuma kuni uTimoti, khon' ukuze ndihlaziyeke ziindaba ezivela kuni.

[20]Kaloku uTimoti lo kuphela komntu ozimvo zinjengezam; yaye unomdla ngokwenene kuni.

[21]Bonke abanye aba baxakeke zizinto zabo, bengayinanze nganto ekaKrestu imicimbi.

[22]UTimoti yena nimazi kakuhle. Niyazi ukuba wayesoloko ejikeleza kunye nam ekuhambiseni iindaba ezimnandi, kanye oku konyana ethene nca noyise.

[23]Ndiza kumthuma kuni ke kamsinya, ndakuba ndiyiqondile imeko yokuhamba kwezinto ngakum;

[24]ndaye ndinethemba lokuba emandleni eNkosi nam ngokwam ndiza kuza kungekudala.

[25]Ndiyabona ukuba uwethu uEpafrodito, ongumncedisi nogxa wam, enanimthumele kum, mandimthumele kwakuni.

[26] Pois ele tem saudades de todos vós e se sente angustiado por saberdes que ele havia adoecido.

[26]Ubesoloko enikhumbula gqitha, yaye uva intw' embi kuba nivile ukuba ubegula.

[27] De fato, ele esteve gravemente enfermo, à beira da morte; mas Deus se compadeceu dele, e não apenas dele, mas igualmente do meu coração, para que eu não fosse afligido por tristeza sobre tristeza.

[27]Kambe wayegulela ukungabikho, kodwa uThixo wamenzela inceba, nam wandivela ngokundikhulula kusizi olungaphezu kolu ndinalo.

[28] Por isso, o enviarei a vós com mais urgência, a fim de que possais vos alegrar ao vê-lo novamente, e, com isso eu sinta menos tristeza.

[28]Ngenxa yaloo nto ke ndikungxamele ngakumbi ukumthumela, ukuze nivuye kwakhona nakumbona, nam ndiphumle elusizini.

[29] Recebei-o, portanto, no Senhor, com grande alegria, e sempre honrai pessoas como ele;

[29]Mamkeleni ke ngezandla ezingenamkhinkqi ebudlelaneni eninabo neNkosi. Bonke abantu abanjengaye nje benzeleni imbeko,

[30] porquanto, ele chegou às portas da morte por amor à causa de Cristo, arriscando a própria vida para suprir a cooperação que vós não pudestes me conceder.

[30]kuba yena obakhe ubomi uphantse ukwahlukana nabo ngenxa yemicimbi kaKrestu, ebubeke esichengeni ukuze andincede apho beningenakundinceda khona nina.

Filipenses 3

Exortação a guardar-se dos obreiros maus e a cultivar todos os frutos do Espírito

KwabaseFilipi 3

Ubulungisa benene

[1] Concluindo, meus irmãos, quanto ao mais, alegrai-vos no Senhor. Para mim, não é incômodo escrever-vos outra vez sobre o mesmo assunto, e para vós é uma segurança a mais.

[1]Ndiphetha ngelithi ke, mawethu, yanga iNkosi inganipha uvuyo. Akundixhamli konke ukuphinda ndibhale izinto ebekhe ndazibhala ngaphambili; iya kuninceda loo nto.

[2] Tomai cuidado com os “cães”, cuidado com esses que praticam o mal, cuidado com a falsa circuncisão!

[2]Zilumkeleni ezo zinja, nemikhwa yazo emibi. Balumkeleni abo banimele ngokutsheca imizimba – soze ndithi lulwaluko loo nto yabo.

[3] Porquanto, nós é que somos a própria circuncisão, todos nós que adoramos pelo Espírito de Deus, que nos gloriamos em

[3]Ábaluke ngenene sithi, thina bamnqula ngoMoya uThixo, thina baqhayiya labo linguKrestu Yesu, thina singaqhayisiyo ngento eyenziwe emzimbeni.

Cristo Jesus e não depositamos confiança alguma na carne.

[4] Embora eu também tivesse razões para alimentar tal convicção, ora, se alguém julga que tem motivos para confiar na carne, eu ainda mais:

[4]Nam ngokwam bendingaqhayisayo ngezi zinto. Ukuba kukho bani uqhayisa ngembonakalo, mna ndingaqhayisa ngaphezulu:

[5] circuncidado no oitavo dia de vida, filho da descendência de Israel, da tribo de Benjamim, hebreu de hebreus; quanto à Lei, fui fariseu;

[5]Mna ndaluswa ndineentsuku ezisibhozo ndizelwe. NdingumSirayeli wesizwe sakwaBhenjamin ngokomlibo, umHebhere nozwane. Ndandingoweqela labaFarasi ekugcineni umthetho,ndinenzondelelo,

[6] quanto ao zelo, persegui a Igreja; quanto à justiça que há na Lei, irrepreensível.

[6]ndada ndalitshutshisa ibandla. Ndandingabekwa bala ekuwugcineni umthetho.

[7] Todavia, o que para mim era lucro, passei a considerar como prejuízo por causa de Cristo.

[7]Kodwa zonke ezo zinto ndandisithi ziyinzuzo, ngoku ndizithatha njengelahleko ngenxa kaKrestu.

[8] Mais do que isso, compreendo que tudo é uma completa perda, quando comparado à superioridade do valor do conhecimento de Cristo Jesus, meu Senhor, por quem decidi perder todos esses valores, os quais considero como esterco, a fim de ganhar Cristo,

[8]Phofu asizizo zodwa, koko yonke into ndiyithatha njengelahleko mpela, kuba zonke izinto zigqithwa kude lee yinzuzo yokwazana noYesu Krestu iNkosi yam. Ndalahla yonke into ngenxa yakhe. Into yonke ndiyithatha njengomgquba ngenxa yokufuna ukuzuza uKrestu.

[9] e ser encontrado nele, não tendo por minha a justiça que procede da Lei, mas sim a que é outorgada por Deus mediante a fé,

[9]Kaloku ndimanywe naye, ndingenabulungisa ndizifumanele bona ngokugcina kwam umthetho. Ndimanywe noKrestu nje, ndenziwe ilungisa nguThixo ngenxa yokukholwa kuKrestu.

[10] para conhecer Cristo, e o poder da sua ressurreição, e a participação nos seus sofrimentos, identificando-me com Ele na sua morte,

[10]Inye kuphela ke into endiyifunayo: kukwazana noKrestu, ndize nam ndiweve ukusebenza kwawo amandla okuvuka kwakhe, ndibe nenxaxheba kwiimbandezelo zakhe, ndimanywe naye ekufeni kwakhe,

[11] com o propósito de, seja como for a ressurreição dentre os mortos, nela estar presente.

[11]ndinethemba lokuba nam ndovuswa ekufeni.

[12] Não que eu já tenha alcançado tudo isso, ou seja perfeito; entretanto, vou caminhando, buscando alcançar aquilo para que também fui alcançado por Cristo Jesus.

[13] Irmãos, não penso que eu mesmo já o tenha conquistado; mas tomo a seguinte atitude: esquecendo-me das coisas que para trás ficam e avançando para as que estão adiante de mim,

[14] apresso-me em direção ao alvo, a fim de ganhar o prêmio da convocação celestial de Deus em Cristo Jesus.

[15] Por isso, todos nós que alcançamos a maturidade espiritual, devemos pensar dessa mesma maneira; porém, se em algum aspecto pensais de forma diferente, também quanto a isso Deus vos esclarecerá.

[16] Contudo, caminhemos na medida da perfeição que já atingimos.

[17] Caros irmãos, sede meus imitadores e prestai atenção nos que caminham de acordo com o padrão de comportamento que temos vivido.

[18] Porquanto, como já vos adverti repetidas vezes, e agora repito com lágrimas nos olhos, que há muitos que vivem como inimigos da cruz de Cristo.

[19] O fim dessas pessoas é a perdição; o deus deles é o estômago; e o orgulho que eles ostentam fundamenta-se no que é vergonhoso; eles se preocupam apenas com o que é terreno.

[20] No entanto, a nossa cidadania é dos céus, de onde aguardamos com grande

Ukusukela entanjeni

[12]Asikuko nokuba ndithi sendiphumelele, okanye sendigqibelele, nto nje ndihlala ndixhinele phambili, ndizabalazela ukuba kubekho lutho ndiluzuzayo, kuba nam ndazuzwa nguKrestu Yesu.

[13]Hayi, mawethu, andizibaleli ekuthini sendizuzile, nto nje nantsi into endiyenzayo: ndithi ndizilibala izinto esezigqithile, nditsazele kwezo zingaphambili,

[14]ndixhinele entanjeni, ukuze ndilizuze ibhaso laphezulu asifunza kulo uThixo ngoYesu Krestu.

[15]Sonke ke thina bafikeleleyo kulo mgangatho masibe nale njongo. Kambe, ukuba bakho kuni abaneembono ezizezinye, uThixo uya kubatyhilela.

[16]Kodwa ke ukuziphatha kwethu makulungelelane nalo mgangatho sesifikelele kuwo.

[17]Mawethu, manyanani ekulinganiseni mna. Mna ndingumzekelo kuni; ngoko ke bagqaleni abo bahambo injengeyam.

[18]Njengoko ndasoloko ndinixelela, ngoku nditsho ndisenzinyembezini, ukuba baninzi abazimilo zibenza babe ziintshaba zomnqamlezo kaKrestu.

[19]Bafunzele entshabalalweni. Bona uThixo wabo sisisu sabo. Ihlazo labo baqhayisa ngalo. Iingqondo zabo bazimilisele ezintweni zalo mhlaba.

[20]Kanti ke thina ikomkhulu lethu lisezulwini, apho silindele ngolangazelelo

expectativa o Salvador, o Senhor Jesus Cristo,

[21] que transformará nossos corpos humilhados, tornando-os semelhantes ao seu corpo glorioso, pelo poder que o capacita a colocar tudo o que existe debaixo do seu pleno domínio.

ukuba uya kuvela khona uMsindisi wethu, iNkosi uYesu Krestu.

[21]Yena uya kuyiguqula le meko yethu iphuthileyo, ayifanise neyakhe enobungangamsha, esebenzisa kwaloo mandla awasebenzisayo xa afaka zonke izinto phantsi kolawulo lwakhe.

Filipenses 4

[1] Portanto, meus irmãos, a quem amo e de quem tenho saudades, minha alegria e coroa, permanecei assim firmes no Senhor, amados.

[2] Suplico a Evódia e a Síntique que restabeleçam a boa convivência no Senhor.

[3] Sim, peço a ti, leal companheiro de jugo, que as ajudes, pois ministraram comigo na causa do Evangelho, juntamente com Clemente e com meus outros cooperadores, cujos nomes estão no livro da vida.

[4] Alegrai-vos sempre no Senhor; e novamente vos afirmo: Alegrai-vos!

[5] Seja a vossa amabilidade conhecida por todas as pessoas. Breve voltará o Senhor.

[6] Não andeis ansiosos por motivo algum; pelo contrário, sejam todas as vossas solicitações declaradas na presença de Deus por meio de oração e súplicas com ações de graça.

[7] E a paz de Deus, que ultrapassa todo entendimento, guardará o vosso coração e os vossos pensamentos em Cristo Jesus.

KwabaseFilipi 4

[1]Ewe ke, mawethu, zihlobo zam ezithandekayo, andisanikhumbuli ngako! Kaloku niluvuyo nesithsaba sam; ngoko ke, bathandwa, zingisani njengabeNkosi.

Iziyalo

[2]UYodiya benoSintike ndibacela ndibacenga-cenga ukuba babe moya mnye ebudlelaneni beNkosi.

[3]Ewe, nawe mlingane wam, ndiyakubongoza ukuba uwalamle la makhosikazi, kuba nawo aba nenxaxheba kwimizamo yam yokuhambisa iindaba ezimnandi, enoKlemente nabanye oogxa bam abamagama abhaliweyo kumqulu wabaphilayo.

[4]Ngoko ke, nimanywe neNkosi nje, yonwabani! Ewe, ndiyaphinda ndithi vuyani!

[5]Bazeleleleni bonke abantu. INkosi isemnyango.

[6]Sanukuba naxhala; kodwa iintswelo zenu ziseni kuThixo ngomthandazo, nimbongoze ninombulelo.

[7]Ke lona uxolo lukaThixo olungaphaya kokuqonda luya kuzalusa iintliziyo neengcinga zenu ningahlukani noKrestu.

[8] Concluindo, caros irmãos, absolutamente tudo o que for verdadeiro, tudo o que for honesto, tudo o que for justo, tudo o que for puro, tudo o que for amável, tudo o que for de boa fama, se houver algo de excelente ou digno de louvor, nisso pensai.

[9] Tudo o que aprendestes, recebestes, ouvistes e vistes em mim, isso praticai; e o Deus de paz estará convosco.

Paulo agradece aos filipenses os dons recebidos. Saudações finais

[10] Alegro-me grandemente no Senhor, por terdes finalmente renovado o vosso cuidado para comigo, sobre o qual, na verdade, estáveis atentos, mas vos faltava ocasião apropriada.

[11] Não vos declaro isso por estar necessitado, porquanto aprendi a viver satisfeito sob toda e qualquer circunstância.

[12] Sei bem o que é passar necessidade e sei o que é andar com fartura. Aprendi o mistério de viver feliz em todo lugar e em qualquer situação, esteja bem alimentado, ou mesmo com fome, possuindo fartura, ou passando privações.

[13] Tudo posso naquele que me fortalece.

[14] Entretanto, fizestes bem em participar da minha aflição.

[15] Sabeis, ó filipenses, que, durante os vossos primeiros dias no Evangelho, quando parti da Macedônia, nenhuma igreja compartilhou comigo no que se refere a dar e receber, exceto vós;

[16] pois, enquanto eu ainda estava em Tessalônica, generosamente me enviastes

[8]Mandiphethe ngelithi, mawethu, hlalani nicinga ngezinto eziyinyaniso nezindilekileyo nazo zonke izinto ezilungileyo nezinyulu, zonke ezithandekayo nezinesidima, nangezinto ezintle ngokupheleleyo kwanezincomekayo.

[9]Zenzeni zonke izinto enazivayo nezo nazibonela kum, amazwi kwanezenzo. Ke uThixo onika uxolo uya kuba nani.

Umbulelo

[10]Ndimanyene neNkosi, yaye ndivuya gqitha kuba emva kwethuba elingaka kuphinde kwabalasela ukundikhathalela kwenu. Phofu kakade nanindikhathalele, koko niswele ithuba.

[11]Xa nditshoyo ke andikhalazeli kuswela. Kaloku mna ndafunda ukwanela nakuyiphi na imeko endikuyo.

[12]Ndiyazana nokuswela, kanti ke futhi ndikuqhelile ukuba nento yonke. Ndiwaqhelile amahlandinyuka obomi: intlutha nendlala, ubutyebi nokuswela.

[13]Ndinako ukumelana nayo nayiphi na imeko ngenxa yamandla alowo undomelezayo.

[14]Ngxatsho ke, intle into eniyenzileyo ngokundixhasa ezingxakini zam.

[15]Yayinini nodwa kakade enandincedayo, bantu baseFilipi, njengoko nani nisazi. Kuwo onke amabandla ethu nini kuphela enanijongene neendleko kunye nengenelo yam kwamhla ndaqalisa ukuhambisa iindaba ezimnandi, ndisuka eMakedoni.

[16]Naxa ndandiseTesalonika naphinda-phinda ukundithumela uncedo.

ajuda, não somente uma vez, mas duas, quando tive necessidade.

[17] Não que eu esteja à procura de ofertas, mas busco preferencialmente o bem que pode ser creditado à vossa conta.

[18] Agora estou plenamente suprido, até em excesso; tenho recursos em abundância, desde quando recebi de Epafrodito os donativos que enviastes, como oferta de aroma suave e como sacrifício aceitável a Deus.

[19] Mas o meu Deus suprirá todas as vossas necessidades, em conformidade com as suas gloriosas riquezas em Cristo Jesus.

[20] Ao nosso Deus e Pai seja a glória por toda a eternidade. Amém!

[21] Saudai a todos os santos em Cristo Jesus. Os irmãos que estão comigo igualmente vos saúdam.

[22] Todos os santos vos cumprimentam, especialmente os que estão no palácio de César.

[23] A graça do Senhor Jesus Cristo esteja com o vosso espírito. Amém!

[17]Asikuko nokuba ndincwase ukuba nindikhongoze izipho, nto nje ndijonge ukuba ibe nini abafumana inzuzo.

[18]Ngoku sendifumene le mpahla ifike noEpafrodito, akukho nto ndingenayo. Nindixhase nangaphezu kokuba bendilindele. Ndiyifanisa nedini elivumba limnandi, umbingelelo owamkelekileyo nowanelisayo kuThixo.

[19]Yaye uThixo wam wonibonelela kuzo zonke iintswelo zenu ngendyikityha yendyebo yakhe ekuKrestu Yesu.

[20]Makadunyiswe uThixo uBawo wethu ngonaphakade kanaphakade! Amen.

Imibuliso

[21]Ndibulisa kusapho lonke lukaThixo olumanywe noKrestu Yesu. Bayabulisa nabo abantu bakaThixo abalapha kunye nam,

[22]nalo lonke usapho lukaThixo, ingakumbi abo bebhotwe likaKhesare.

[23]Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu malube nani nonke.

Colossenses

Colossenses 1

Prefácio e saudação

1 Paulo, apóstolo de Cristo Jesus, por vontade de Deus, e o irmão Timóteo,

2 aos santos e leais irmãos em Cristo que estão em Colossos: graça e paz a vós outros, da parte de Deus, nosso Pai.

A fé e o amor dos colossenses. Oração de Paulo pelo seu progresso espiritual. Jesus Cristo, o autor da nossa redenção, a imagem do Deus invisível, Criador de todas as coisas e cabeça da igreja

3 Damos graças a Deus, Pai de nosso Senhor Jesus Cristo, rogando sempre por vós,

4 desde que ouvimos falar da vossa fé em Cristo Jesus, e do amor que tendes por todos os santos,

5 por causa da esperança que vos está reservada no céu, da qual já ouvistes pela Palavra da Verdade, o Evangelho,

6 que vos alcançou, e da mesma forma está chegando em todo o mundo, frutificando e se espalhando, assim como ocorreu entre vós, desde o dia em que ouvistes e conhecestes a graça de Deus na verdade;

7 segundo fostes instruídos por Epafras, nosso amado conservo, leal ministro de Cristo em nosso favor.

8 Ele também nos contou do amor que tendes no Espírito.

9 Por esse motivo, também nós, desde o momento em que soubemos desse fato, igualmente, não deixamos de orar por vós e de suplicar que sejais cheios do pleno

KwabaseKolose

KwabaseKolose 1

Isingeniso

1Kubhala mna Pawulos, umthunywa kaYesu owamiselwa ngentando kaThixo, ndikunye nomwethu uTimoti.

2Ndibhalela usapho lukaThixo, amawethu athembekileyo aseKolose, amanyene noKrestu. Ndithi: Ngamana uThixo uBawo wethu wanenzela isisa, aniphe uxolo.

Umthandazo nombulelo

3Asinilibali emithandazweni yethu, singalibali nokumbulela uThixo uYise weNkosi yethu uYesu Krestu,

4oko sevayo ngokukholwa nokuzinikela kwenu kuKrestu Yesu, nangokuluthanda kwenu usapho lukaThixo.

5Ewe, siyayibulela loo nto ngenxa yedinga eninalo kwaThixo, enaqala ukuva ngalo ngodaba lwenyaniso.

6Olu daba luvakala elizweni liphela, luvelisa iziqhamo, lunwenwe kanye ngale ndlela lenze ngayo naphakathi kwenu ukususela mhla neva naziqonda njengoko zinjalo izibele zikaThixo.

7Le nto nayiva ngoEpafra, umncedisi wethu othandekayo, osisicaka esithembekileyo sikaKrestu ngenxa yenu.

8Nathi ke usibalisele ngothando aniphe lona uMoya.

9Ngenxa yeso sizathu ke, ukususela mhla seva ngani, asiphezi ukunithandazela. Siyamcela uThixo ukuba aniphe ukuyazi intando yakhe, nibe nabo bonke ubulumko nokuqonda okuvela kuMoya.

conhecimento da vontade de Deus, com toda a sabedoria e entendimento espiritual.

10 E tudo isso, com o propósito de que possais viver de modo digno do Senhor, agradando-lhe plenamente, frutificando em toda boa obra, crescendo no conhecimento de Deus,

11 sendo fortalecidos com todo o poder, segundo a maravilhosa força da sua glória, para que, com alegria tenhais absoluta constância e firmeza de ânimo,

12 dando graças ao Pai que nos tornou dignos de participar da herança dos santos no reino da luz.

13 Ele nos resgatou do domínio das trevas e nos transportou para o reino do seu Filho amado,

14 em quem temos a plena redenção por meio do seu sangue, isto é, o perdão de todos os pecados.

15 Ele é a imagem do Deus invisível, o primogênito sobre toda a criação;

16 porquanto nele foram criadas todas as coisas nos céus e na terra, as visíveis e as invisíveis, sejam tronos ou dominações, sejam governos ou poderes, tudo foi criado por Ele e para Ele.

17 Ele existe antes de tudo o que há, e nele todas as coisas subsistem.

18 Ele é a cabeça do Corpo, que é a Igreja; Ele é o princípio e o primogênito dentre os

10Ngoko ke niya kuba nako ukuziphatha ngendlela ethandekayo eNkosini, niyikholise ngeendlela zonke. Xa kunjalo ke ubomi benu buya kuqhama ziintlobo-ntlobo zemisebenzi elungileyo, nani nikhule ekumazini uThixo.

11Wanga anganomeleza ngamandla akhe agqitha ukuqonda, ukuze nibe nako ukunyamezela ninomonde novuyo.

12Bulelani kuBawo onenze nakufanela ukuba nenxaxheba kwilifa labantu bakhe ebuqaqawulini.

13Wasihlangula egunyeni lobumnyama, waza wasifudusela ekulawulweni nguNyana wakhe oyintanda,

14lo sifumene kuye inkululeko nokuxolelwa kwezono.

Umbongo kaKrestu

15UKrestu yimbonakalo kaThixo ongabanokaliyo; ingqalo nentloko yayo yonke indalo.

16Iinto zonke zadalwa ngaye, ezulwini nasemhlabeni, ezibonakalayo nezingabonakaliyo. Zonke zivela kuye: ooziphathamandla namatshawe, oozilawuli noomagunya. UThixo walidala ngaye elidalela yena ihlabathi liphela.

17Iinto zonke zingekabikho, yena wayekho kade. Nto zonke ziyondelelana zilungelelane kuye.

18Intloko yomzimba olibandla lakhe ikwanguye. Nguye ulibo, owokuqala

mortos, a fim de que em absolutamente tudo tenha a supremacia.

[19] Porquanto foi do agrado de Deus que nele habitasse toda a plenitude,

[20] e por intermédio dele reconciliasse consigo todas as coisas, tanto as que estão na terra quanto as que estão nos céus, estabelecendo a paz pelo seu sangue vertido na cruz.

[21] E a vós outros também que, no passado, éreis estranhos e inimigos de Deus conforme demonstrado pelas obras más que praticáveis,

[22] agora, entretanto, Ele vos reconciliou no corpo físico de Cristo, por meio da morte, para vos apresentar santos, inculpáveis e absolvidos de qualquer acusação diante dele,

[23] se de fato permaneceis na fé, alicerçados e firmes, sem vos afastar da esperança do Evangelho que ouvistes e que está sendo pregado a todas as pessoas em todo o mundo, do qual eu, Paulo, me tornei ministro.

O trabalho e os combates de Paulo no seu ministério

[24] Agora me alegro nos meus sofrimentos por vós e completo no meu corpo o que resta das aflições de Cristo, em benefício do seu Corpo, que é a Igreja,

[25] da qual me tornei servo de acordo com a convocação de Deus, que me foi outorgada para convosco, a fim de tornar

ukuvuswa ekufeni, khon' ukuze yena abe sisiqalo ezintweni zonke.

[19]UThixo uthandile ukuba aphuphume ubuThixo.

[20]Yena ngulowo uThixo azixolelanise ngaye nehlabathi liphela; ewe, ngokuphalala kwegazi lakhe emnqamlezweni wazixolelanisa naye zonke izinto ezisezulwini nezisemhlabeni.

UThixo udale imeko entsha

[21]Benifudula ninxaxhile, kungekho buhlobo phakathi kwenu noThixo, ngenxa yemikhwa emibi enaniyenza, niyicinga nokuyicinga.

[22]Kodwa ngoku uThixo udale ubuhlobo phakathi kwakhe nani ngokuphalala kwegazi likaKrestu, ukuze anisondeze ningabantu abanyuliweyo, ningenasiphako, nimsulwa phambi kwakhe.

[23]Nani ke yithini ngcembe elukholweni, nimi ngxishi phezu kwesiseko senu, ningagungqiswa nto kwithemba eninalo ngenxa yeendaba ezimnandi. Zezi ndaba kanye ke uThixo andithume ukuba ndizivakalise, ezi zishunyayezwa uwonke-wonke phantsi kwelanga.

Inxaxheba kaPawulos emsebenzini kaKrestu

[24]Kuyandonwabisa ukuhlupheka kwam ngenxa yenu. Kuba ngale ndlela ndithatha inxaxheba ngalo mzimba wam ubuthathaka ngokuzibandakanya neentlungu ezisilindeleyo zikaKrestu, ngenxa yomzimba wakhe, ibandla lakhe ke ukutsho.

[25]Ndenziwe umlungiseleli webandla nguThixo ondinike olu xanduva ukuba ndiluthwale ngenxa yenu. Luxanduva

completamente conhecida a Palavra de Deus,

[26] o mistério que esteve oculto durante séculos e gerações, mas agora foi revelado aos seus santos,

[27] a quem Deus, entre os que não são judeus, aprouve dar a conhecer as riquezas da glória deste mistério, isto é, Cristo em vós, a esperança da glória!

[28] A Ele, portanto, proclamamos, aconselhando e ensinando a cada pessoa, com toda a sabedoria, para que apresentemos todo homem perfeito em Cristo.

[29] E para cumprir esse propósito, eu me esforço arduamente, lutando conforme o seu poder que opera eficazmente em mim.

Colossenses 2

[1] Portanto, gostaria que soubésseis como é grande a luta que enfrento por vós, pelos que estão em Laodiceia e por todos que ainda não me conhecem pessoalmente.

[2] Esforço-me a fim de que o coração deles seja animado, estando vós unidos em amor e juntos alcanceis toda a riqueza do pleno entendimento, para que possais conhecer perfeitamente o mistério de Deus, a saber, Cristo.

[3] Nele estão ocultos todos os tesouros da sabedoria e do conhecimento.

Advertência acerca das falsas doutrinas

[4] Falo dessa forma para que ninguém vos engane com argumentos interessantes, porém falsos.

lodaba lwakhe ekufuneke ndiluvakalise ngokupheleleyo.

[26]Ndivakalisa loo mfihlelo yafihlwa mandulo kwizizukulwana ngezizukulwana. Kodwa ke ngoku ityhilwe kubantu bakaThixo.

[27]Yinjongo yakhe uThixo ukuyazisa kubantu bakhe le mfihlelo ixabiseke kunene, iqaqambileyo, ayilungiselele uluntu luphela. Yiyo le ke loo mfihlelo: uKrestu ungaphakathi kuni, ulithemba lewonga eniya kulifumana kuThixo.

[28]Ngoko ke sishumayela uKrestu eluntwini. Silumkisa sifundise wonke ubani ngamava esinawo, khon' ukuze sibanikele kuThixo bonke ngabanye befezekile ngokumanywa noKrestu.

[29]Ndibila ndisoma ukufeza olu xanduva, ndisebenza ngamandla endiwaphiwa nguKrestu ongaphakathi kum.

KwabaseKolose 2

[1]Ndifuna niyazi indlela endabulaleka nzima ngayo ngenxa yenu nabantu baseLawodike, kwanabo bangazanga bandibona ngamehlo.

[2]Ndifuna bahlale bomelele, bemanyene ngothando, ukuze bafikelele ekuqinisekeni ngokupheleleyo ngengqondo, beyiqiqa imfihlelo kaThixo. Loo mfihlelo ke nguKrestu ngenkqu.

[3]Nguye uvimba wendyebo kaThixo yobulumko nokuqonda.

[4]Ndinixelela le nto nje, ndifuna ze ningalahlekiswa bani ngeentetho

ezilahlekisayo, nokokuba zivakala kakuhle kangakanani na.

[5] Porquanto, apesar de estar fisicamente distante de vós, estou convosco em espírito, e me sinto feliz ao verificar que estais vivendo em plena ordem, e como está firme a vossa fé em Cristo.

[5]Nakuba ndingekho siqu apho, ndikho kodwa ngomoya, ndaye ndivuya kuba ndiyiphawule indlela enimi ngxishi ngayo, ningagungqi ekukholweni kuKrestu.

Ubomi obugqibeleleyo ngokumanywa noKrestu

[6] Sendo assim, da mesma forma como recebestes a Cristo Jesus, o Senhor, também andai nele,

[6]Ngoko ke, njengoko namamkelayo uKrestu Yesu iNkosi, hlalani nimanyene naye.

[7] alicerçados e edificados nele, transbordando em gratidão.

[7]Iingcambu zenu mazendele, nakheke kuye, nomelele ngokomelela elukholweni njengoko nafundiswayo, niphuphume ngumbulelo.

[8] Tende muito cuidado para que ninguém vos escravize a vãs e enganosas filosofias, que se baseiam nas tradições humanas e na falsa religiosidade deste mundo, e não em Cristo.

[8]Zilumkeleni, ningathatheki iingqondo yimilavuzo engaphethe nto, engasekelwanga ngoKrestu, esekelwe ngezithethe neemfundiso zabantu, nangamagunya alawula ehlabathini.

[9] Pois somente em Cristo habita corporalmente toda a plenitude de Deus.

[9]Kuba kaloku ubume bobomi bukaThixo bukho ngokupheleleyo kuKrestu ongumntu;

[10] Assim como, em Cristo, estais aperfeiçoados. Ele é o Cabeça de todo poder e autoridade.

[10]yaye ke nimanywe naye nje, niphiwe ubomi obupheleleyo. Kaloku yena yintloko: liphantsi kwakhe lonke igunya namandla.

[11] Nele também fostes circuncidados, não por intermédio de mãos humanas, mas com a circuncisão feita por Cristo, que é o despojar da carne pecaminosa.

[11]Nakuba nimanyene naye naluswe ngolwaluko olungelulo olwabantu nje, kodwa olulolukaKrestu: lona kukukhululwa komntu kwigunya lesimo esidala.

[12] Isso aconteceu quando fostes sepultados com Ele no batismo, e com Ele foram ressuscitados mediante a fé no poder de Deus que o ressuscitou dentre os mortos.

[12]Kaloku ekubhaptizweni kwenu nangcwatywa kunye naye, kwangokunjalo navuswa kunye naye ngokuzinikela kumandla kaThixo asebenzayo, yena wamvusayo uKrestu ekufeni.

[13] E a vós outros, que estáveis mortos pelas vossas transgressões e pela incircuncisão da

[13]Nangona nanifile ngenxa yeziphoso zenu, nto leyo icaciswa kukungaluki kwenu,

vossa carne; vos deu vida juntamente com Ele, perdoando todos os nossos pecados;
[14] e cancelou a escrita de dívida, que consistia em ordenanças, e que nos era contrária. Ele a removeu completamente, pregando-a na cruz;

[15] e, despojando as autoridades e poderes malignos, fez deles um espetáculo público, triunfando sobre todos eles na cruz.

[16] Portanto, ninguém tem o direito de vos julgar pelo que comeis, ou pelo que bebeis, ou ainda com relação a alguma festa religiosa, celebração das luas novas ou dos dias de sábado.
[17] Esses rituais são apenas sombra do que haveria de vir; a realidade, todavia, encontra-se em Cristo.

[18] Não aceiteis que alguém seja árbitro contra vós, fingindo humildade ou culto a anjos, fundamentando-se em visões, ostentando a inútil arrogância do seu conhecimento carnal.

[19] Trata-se, pois, de uma pessoa que não está unida à Cabeça, a partir da qual todo o Corpo, sustentado e unido por seus ligamentos e juntas, efetua o crescimento concedido por Deus.

[20] Considerando que morrestes com Cristo para as tradições humanas e a falsa religiosidade deste mundo, por que vos sujeitais ainda a tais ordenanças como se pertencêsseis a este sistema de valores? Não mais obedeçais a regras como estas:

uThixo univuse kunye noKrestu, waza wazixolela zonke izono zethu.
[14]Usicime mpela isityholo setyala lethu lokwaphula imiqathango yomthetho. Incwadi leyo yesityholo uyisuse kwaphela, wayibethelela emnqamlezweni.
[15]Uboyisile oomagunya nooziphathamandla, wabenza intlekisa esidlangalaleni, bekumngcelele wabathinjwa aboyisiweyo.

[16]Ngoko ke makungabikho bani unixoxisayo ngento emaniyitye, okanye niyisele, nangemisitho yokuthwasa kwenyanga neyoMhla wokuPhumla.

[17]Ezi zinto zazisisithunzi nje sento eyayilindelekile – inkqu yayo nguKrestu.

[18]Musani ke ukuqhathwa ngabantu abazenza bhetele, beqhayisa ngemibono nangentobeko ethile, benqula izithunywa zezulu. Abantu abanjalo bafumana bezingca nje, bebambelele ezintweni ezibonakalayo zengqondo yabo.

[19]Baphuncukile kwintloko enguKrestu. Kanti ke umzimba namalungu nemisipha unxibelelana nentloko ukuze wondleke ubambene, ukhule ngendlela kaThixo.

Ukudla ubomi noKrestu

[20]Kaloku nafa kunye noKrestu, nakhululeka ekulawulweni ziimpembelelo zeli phakade. Ngani ke ukuba niziphathe ngokwabantu beli phakade? Kutheni ukuba nibe ngoothoba-sikutyele, niphulaphula nje xa kusithiwa:

[21] "Não toques!", "Não proves!", "Não manuseies!"
[22] Todas essas regras estão destinadas a desaparecer pelo uso, pois se baseiam em ordenanças e ensinos meramente humanos.
[23] Esses regulamentos têm, de fato, aparência de sabedoria, com sua pretensa religiosidade, falsa humildade e rígida disciplina para com o corpo, mas não têm valor algum para refrear as paixões da carne.

Colossenses 3

Exortação à santidade e ao amor fraternal

[1] Portanto, visto que fostes ressuscitados com Cristo, buscai o conhecimento do alto, onde Cristo está assentado à direita de Deus.

[2] Pensai nos objetivos do alto, e não nas coisas terrenas;
[3] pois morrestes, e a vossa vida está escondida com Cristo em Deus.
[4] Quando Cristo, que é a vossa vida, for manifestado, também vos manifestareis com Ele em glória.

[5] Sendo assim, fazei morrer tudo o que pertence à natureza terrena: imoralidade sexual, impureza, paixão, vontades más e a ganância, que também é idolatria.
[6] É por causa dessas práticas malignas que vem a ira de Deus sobre os que vivem na desobediência.
[7] Nelas também andastes no passado, quando ainda vivíeis com esses hábitos,
[8] mas agora, livrai-vos de tudo isto: raiva, ódio, maldade, difamação, palavras indecentes do falar.

[21]"Sanukuyiphatha le, sanukuyingcamla leya, enye sanukuyichukumisa"?
[22]Xa zizonke ezi zinto ziyonakala zakuba zisetyenzisiwe. Injalo ke imithetho neemfundiso zabantu.

[23]Okunene le nkqubo yokuzenza ngcwele, nokuzicinezela, kunye nokungcungcuthekisa umzimba, ibonakala ngathi inobulumko, kodwa iyoyiswa kukulwa inkanuko yemvelo.

KwabaseKolose 3

[1]Njengoko kaloku navuswa kunye noKrestu, yibani nomdla kwizinto zasezulwini, apho akhoyo uKrestu, ehleli kwiwonga alinikwe nguThixo.
[2]Iingqondo zenu zimiliseleni kwizinto zaphezulu, kungabi kwizinto zalo mhlaba.
[3]Kaloku nafa; ngoko ke ubomi benu busafihlakele kunye noKrestu kuThixo.
[4]UKrestu bubomi benu; ngoko ke, akubonakaliswa yena, nani niya kubonakala ningoomaqhuzu kunye naye.

Ubomi obudala nobutsha

[5]Ngoko ke yitshitshiseni iphele kuni imikhwa yeli hlabathi: ukurheletya, ukungcola, ukutshiseka, iinkanuko, nokunyoluka okukwalunqulo-zithixo.

[6]Izimilo ezinje zizondwa yingqumbo kaThixo.

[7]Nani ke ngokuyâ naningekaguquki naniziphethe ngolu hlobo.
[8]Kodwa ke ngoku zilumleni kuzo zonke ezi zinto: ingqumbo, iphuku, ububi, ukuthuka, nokuthetha krwada.

[9] Não mintais uns aos outros, pois já vos despistes do velho homem com suas atitudes,

[10] e vos revestistes do novo homem, que se renova para o pleno conhecimento, segundo a imagem daquele que o criou;

[11] Nessa nova ordem de vida, não há mais diferença entre grego e judeu, circunciso e incircunciso, bárbaro e cita, escravo ou pessoa livre, mas, sim, Cristo é tudo e habita em todos vós.

[12] Assim, como povo escolhido de Deus, santo e amado, revesti-vos de um coração pleno de compaixão, bondade, humildade, mansidão e paciência.

[13] Zelai uns pelos outros e perdoai-vos mutuamente; caso alguém tenha algum protesto contra o outro, assim como o Senhor vos perdoou, assim também procedei.

[14] Acima de tudo, no entanto, revesti-vos do amor que é o elo da perfeição.

[15] Seja a paz de Cristo o juiz em vossos corações, tendo em vista que fostes convocados para viver em paz, como membros de um só Corpo. E sede agradecidos.

[16] Habite ricamente em vós a Palavra de Cristo; ensinai e aconselhai uns aos outros com toda a sabedoria, e cantai salmos, hinos e cânticos espirituais, louvando a Deus com gratidão no coração.

[17] E tudo quanto fizerdes, seja por meio de palavras ou ações, fazei em o Nome do

[9]Ngoku nisilahlileyo isimo esidala sanukuxokisana.

[10]Kaloku ngoku nambethe isimo esitsha, athe chu kuhle ukusihlaziya uThixo, ukuze sifuze yena mdali waso, nokuze nani nimazi ngokupheleleyo.

[11]Apho ke akusekho mahluko phakathi komGrike nomJuda, owalukileyo nongalukanga, abangaphucukanga nabaphantsi, ikhoboka nokhululekileyo; kuba uKrestu uyinto yonke, ekubo bonke.

[12]Ningabantu bakaThixo abanyuliweyo abathandiweyo nina, abakhe ngenkqu. Ngoko ke nxibani ezifanele abakhe: inceba, ububele, ukuthobeka, ubulali, nomonde.

[13]Nyamezelanani, nixolelane. Ukuba omnye ukhalazela omnye xolelanani kwanjengokuba nayo iNkosi yanixolelayo.

[14]Ngaphezu kwazo zonke ezi zinto yongezani uthando, lona lubopha izinto zonke zibe yimbumba egqibeleleyo.

[15]Uxolo eniluphiwa nguKrestu malube lulo olugweba iintliziyo zenu, kuba uThixo wanibizela kolu xolo ukuze nibe ngamalungu omzimba omnye. Phuphumani ke ngumbulelo.

[16]Maluhlale ngokupheleleyo ezintliziyweni zenu udaba lukaKrestu. Fundisanani, niyalane ngobulali. Culani iindumiso, nihlabele amaculo, nivuma iingoma zoMoya, nibulela uThixo ngentliziyo.

[17]Nantoni na ke eniyenzayo, nokuba niyathetha, nokuba niyenza, yenzeleni

Senhor Jesus, oferecendo por intermédio dele graças a Deus Pai.

Os deveres domésticos

[18] Mulheres, cada uma de vós seja submissa ao próprio marido, pois assim deveis proceder por causa da vossa fé no Senhor.

[19] Maridos, cada um de vós ame sua esposa e não a trate com grosseria.

[20] Filhos, obedecei em tudo a vossos pais, porquanto essa atitude é agradável ao Senhor.

[21] Pais, não irriteis vossos filhos, para que eles não fiquem desanimados.

[22] Escravos, obedecei em tudo a vossos senhores terrenos, não servindo apenas quando supervisionados, como quem age somente para contentar os homens, mas trabalhando com sinceridade de coração, por causa do vosso temor ao Senhor.

[23] E tudo quanto fizerdes, fazei-o de todo o coração, como para o Senhor e não para homens,

[24] conscientes de que recebereis do Senhor a recompensa da herança. É a Cristo, o Senhor, que estais servindo!

[25] Pois quem agir de forma injusta receberá o devido pagamento da injustiça cometida; e nisto não há exceção para pessoa alguma.

Colossenses 4

[1] Senhores, tratai vossos servos de modo justo e equânime, sabedores de que também vós tendes um Senhor no céu.

Exortação à oração e à sabedoria

[2] Perseverai na oração, vigiando com ações de graças.

egameni leNkosi uYesu, nibulela uThixo uYise ngayo.

Intlalo yosapho olungamaKrestu

[18]Nina makhosikazi, bathobeleni ngokuzinikela abayeni benu, kuba yimfanelo yenu yobuKrestu leyo.

[19]Nina madoda, bathandeni abafazi benu, ningabi ngqwabalala.

[20]Bantwana, bathobeleni abazali benu maxa onke, kuba yeyona nto iyikholisayo iNkosi leyo.

[21]Bazali, nina musani ukubacaphukisa abantwana bade bakruquke.

[22]Nina zicaka, bathobeleni abaphathi benu balapha emhlabeni kuzo zonke izinto. Thembekani emsebenzini naxa ningajongwanga; ewe, sebenzani ngokungathi nikhonza iNkosi ngenkqu, ningajonge kunconywa ngabantu.

[23]Nayiphi na into eniyenzayo yenzeni ngomxhelo ngokungathi niyenzela iNkosi, aniyenzeli bantu.

[24]Ze nikhumbule ukuba iNkosi iya kunivuza ngelifa eligcinele abantu bayo. Kaloku uKrestu yeyona Nkosi nikhonza yona.

[25]Kodwa yena umenzi wobubi uya kuvuzwa ngokwemisebenzi yakhe emibi; kuba uThixo ugweba wonke ubani engakhethi buso.

KwabaseKolose 4

[1]Nina basemagunyeni, izicaka zenu ziphatheni kakuhle, ngobulungisa. Ze nikhumbule ukuba nani nineNkosi esezulwini.

Iziyalo

[2]Zingisani ukuthandaza, niphaphile, ninombulelo kuThixo.

[3] Rogai, ao mesmo tempo, de igual maneira por nós, para que Deus abra uma porta para nossa mensagem, a fim de que possamos proclamar o mistério de Cristo, pelo qual estou preso.

[4] Orai para que eu consiga manifestá-lo francamente, como me cumpre fazê-lo.

[5] Portai-vos com sabedoria para com os que são de fora; aproveitai ao máximo todas as oportunidades.

[6] A vossa maneira de falar seja sempre agradável e bem temperada com sal, a fim de saberdes como deveis responder a cada pessoa.

Tíquico e Onésimo são enviados aos colossenses. Saudações finais

[7] Quanto à minha situação, Tíquico, irmão amado, fiel ministro, e conservo no Senhor, de tudo vos informará.

[8] Eu vo-lo envio com o objetivo principal de vos colocar a par sobre como estamos vivendo, e para que ele possa confortar o vosso coração.

[9] Em sua companhia, vos envio Onésimo, leal e amado irmão, que é um de vós. Eles vos farão saber tudo o que está acontecendo por aqui.

[10] Saúda-vos Aristarco, meu companheiro de prisão, assim como Marcos, primo de Barnabé, sobre quem já recebestes instruções; portanto, se ele vos for visitar, recebei-o.

[11] Jesus, chamado Justo, também vos envia saudações. Esses são os únicos da circuncisão que são meus cooperadores em

[3]Nam nindikhumbule emthandazweni, ukuze uThixo andivulele ithuba lokushumayela, ndivakalise udaba olungoKrestu obelukade lungaziwa mntu. Ndikhonkxiwe nje kaloku yiloo nto.

[4]Ze nindithandazele ukuze ndiyithethe icace le mfihlelo, njengoko ndimelwe kukwenjenjalo.

[5]Yilumkeleni indlela eniziphatha ngayo phambi kwabo bangakholwayo, nilisebenzise kakuhle ithuba eninalo.

[6]Incoko yenu mayisoloko imnandi, inika umdla. Fundani ukucebisana kakuhle nomntu ngamnye enidibana naye.

Umbuliso

[7]Umwethu oyintanda, uTikiko okholekileyo, umncedi nogxa wam emsebenzini weNkosi, uza kunibalisela ngemeko yam apha.

[8]Yiyo le nto ndimthumela kuni nje, ndifuna aze kunixelela ngempilo yethu, anivuselele.

[9]Uza kuba ehamba no-Onesimo, ikholwa eliyintanda lakuni. Bonixelela ke zonke iindaba zalapha.

[10]Uyanibulisa uAristarko ongumbanjwa kunye nam, kwanoMarkoumzala kaBharnabha. (Beseniwufumene umyalezo ngaye, ngoko ke xa athe wafika mamkeleni azive esekhaya.)

[11]NoYesu onguYusto uyabulisa. Ngâba kuphela kumakholwa amaJuda abândincedisáyo emsebenzini wokuvakalisa

benefício do Reino de Deus. Eles têm me proporcionado grande apoio e consolo.

[12] Epafras, que também é um de vós e servo de Cristo Jesus, vos envia saudações. Ele está sempre guerreando por vós em suas orações, para que como crentes maduros e cheios de fé, continueis caminhando firmes na prática de toda a vontade de Deus.

[13] Sou testemunha do quanto ele se esforça em seu zelo fraternal por vós e pelos que estão em Laodiceia e em Hierápolis.

[14] Lucas, o médico amado, e Demas vos cumprimentam carinhosamente.

[15] Cumprimentai, igualmente, todos os irmãos em Laodiceia, e também Ninfa e a igreja que se reúne em sua casa.

[16] Depois de lida entre vós, fazei com que esta carta também seja recebida e lida na igreja dos laodicenses, e que vós, de igual modo, possais ler a carta de Laodiceia.

[17] E dizei a Arquipo: Cuida do ministério que recebeste no Senhor, para que o cumpras.

[18] Eu, Paulo, faço questão de saudar-vos de próprio punho. Lembrai-vos das minhas algemas. A graça esteja em todos vós!

ulawulo lukaThixo. Futhi ke bayintuthuzelo kum.

[12]Uyabulisa uEpafra , isicaka sikaKrestu Yesu, okwangowakuni. Uthe rhoqo ukunithandazela ukuba nime ningahexi, nikhule, nizinikele ngokupheleleyo ekwenzeni intando kaThixo.

[13]Nam ndiyangqina ukuba akaphumli esebenzela nina nabaseLawodike nabantu baseHirapoli.

[14]Nomhlobo wethu othandekayo ugqirha uLuka uyabulisa, ngokunjalo noDemas.

[15]Ndibuliseleni kumawethu aseLawodike, nakuNimfa nebandla elo lihlanganela endlwini yakhe.

[16]Xa seniyifundile le leta yigqithiseleni kwibandla laseLawodike, ifundwe nakhona. Ngokukwanjalo ke nani ze niyifunde laa leta yaseLawodike.

[17]Gqithisani lo myalezo kuArkipo:“Nakanjani na, umsebenzi owawunikwa yiNkosi wenze ngokufezekileyo.”

[18]Umbuliso lo ubhalwa ndim mna Pawulos. Khumbulani ukuba ndikhonkxiwe! Ubabalo lukaThixo malube nani.

1 Tessalonicenses	1 KwabaseTesalonika

1 Tessalonicenses 1

[1] Paulo, Silvano e Timóteo, à igreja dos tessalonicenses, em Deus Pai e no Senhor Jesus Cristo, graça e paz a vós outros.

O sucesso do evangelho em Tessalônica e a fidelidade daquela igreja

[2] Sempre agradecemos a Deus por todos vós, mencionando-vos em nossas orações.

[3] Recordamo-nos constantemente, na presença do nosso Deus e Pai, do vosso trabalho que resulta da fé operosa, do amor fraternal abnegado e da perseverança que vem de uma convicta esperança em nosso Senhor Jesus Cristo,

[4] reconhecendo, irmãos amados de Deus, que fostes eleitos por Ele,

[5] porque o nosso evangelho não chegou a vós somente por meio de palavras, mas igualmente com poder, no Espírito Santo, e em plena certeza de fé. Sabeis muito bem como procedemos em vosso benefício quando estávamos convosco.

[6] De fato, vos tornastes nossos discípulos e do Senhor, pois, apesar de muito sofrimento, recebestes a Palavra com a alegria que vem do Espírito Santo.

[7] Dessa forma, vos tornastes o padrão de fé para todos os crentes que estão na Macedônia e na Acaia.

1 KwabaseTesalonika 1

Isingeniso

[1]Kubhala mna Pawulos, ndikunye noSilas noTimoti. Ndibhalela ibandla likaThixo uYise neNkosi uYesu Krestu, eliseTesalonika. Ndithi kuni: Makulawule ubabalo noxolo.

Intlalo yabaseTesalonika

[2]Ndisoloko ndimbulelela uThixo ngenxa yenu nonke, ndinikhumbula njalo emithandazweni yam.

[3]Ewe, andinilibali phambi koThixo onguBawo wethu. Ndikhumbula ukusebenza kwenu niqhutywa lukholo, ukubulaleka kwenu niqhutywa luthando, nomonde wenu ngenxa yethemba lenu eNkosini uYesu Krestu.

[4]Ndiqinisekile, mawethu athandiweyo nguThixo, ukuba uninyulele ukuze nibe ngabakhe.

[5]Kaloku iindaba ezimnandi endaniphathela zona yayingengomlomo nje qha, koko ndazizisa ngamandla kaMoya oyiNgcwele, ndiqhutywa kukoyiseka bubunyaniso bazo. Niyayazi indlela endandiziphethe ngayo ngokuya ndandilapho phakathi kwenu. Yonke loo nto yayikukulungiselela nina.

[6]Nani ngokwenu nalandela ekhondweni lethu neleNkosi. Nangona naniphatheke kabuhlungu,udaba nalwamkela ngovuyo oluvela kuMoya oyiNgcwele.

[7]Naza ngokwenjenjalo naba ngumzekelo kuwo onke amakholwa eMakedoni naseAkaya.

[8] Porquanto, a partir de vós, não somente a Palavra do Senhor foi proclamada na Macedônia e na Acaia, mas também a vossa fé em Deus tornou-se conhecida em todos os lugares, a ponto de não ser necessário que acrescentemos mais nada a isso.

[9] Porque todos eles relatam de que maneira fomos recebidos por vós, e de que maneira vos convertestes dos ídolos a Deus, para servirdes ao Deus vivo e verdadeiro,

[10] enquanto aguardais do céu seu Filho, a quem Ele ressuscitou dentre os mortos, Jesus, que nos livra da ira que certamente virá.

1 Tessalonicenses 2

Como Paulo exerceu o seu ministério entre os tessalonicenses

[1] Irmãos, vós mesmos sabeis que não foi inútil a visita que vos fizemos.

[2] Apesar de termos sido maltratados e muito ofendidos em Filipos, como é de vosso conhecimento, nosso Deus nos proporcionou uma disposição corajosa para vos anunciar seu Evangelho em meio a grandes batalhas.

[3] Pois a nossa exortação não tem origem no pecado nem tampouco em motivos impuros, muito menos temos qualquer intenção de vos enganar;

[4] pelo contrário, visto que somos homens de Deus, aprovados por Ele para nos confiar seu Evangelho, não pregamos para agradar

[8]Kuba kaloku udaba lweNkosi lwahlokoma luphuma kuni, alwaya eMakedoni naseAkaya kuphela, koko iindaba zokukholwa kwenu kuThixo zihlwayeleke kuyo yonke indawo, kangangokuba akusekho mfuneko yakuba sichaze nto thina.

[9]Seyingundaba-mlonyeni kubo bonke abantu indlela enasamkela ngayo kutyelelo lwethu. Kanti nokulahla kwenu izithixo niguqukela kuThixo, ukuze nibe zizicaka zoThixo wenene ophilayo, kukwanjalo.

[10]Nonke nihlala nilindele ukubuya koNyana wakhe ezulwini, lowo wamvusayo ekufeni; ewe uYesu, yena usihlangulayo kuyo yonke ingqumbo ezayo.

1 KwabaseTesalonika 2

Umsebenzi kaPawulos eTesalonika

[1]Nazi ngokwenu, mawethu, ukuba undwendwelo lwethu phakathi kwenu alubanga lilize konke-konke.

[2]Emva kokuphathwa gadalala sinyeliswa nokunyeliswa eFilipi seza kuluphalaza kuni udaba lweendaba ezimnandi zikaThixo, singafihlisi, singenalo noloyiko, siphiwa amandla nguThixo wethu. Yaba ngumzamo onzimakazi lowo.

[3]Ewe kambe, ukushumayela kwam akuzanga kusekelwe ngabuxoki, kungazanga kwaba nazinjongo ziphuthileyo, ndaye ndingazanga ndalinga nakukhohlisa bani.

[4]Koko ndityunjwe nguThixo nje, ndakufanela nokuphathiswa iindaba ezimnandi, ndisuka ndithethe ngezinto eziphathelele kwezo ndaba. Andizicengezeli

as pessoas, mas sim a Deus, que prova o nosso coração.

5 A verdade é que jamais nos utilizamos de linguagem bajuladora, como bem sabeis, nem de artimanhas gananciosas. Deus é testemunha desta verdade.

6 Da mesma forma, nunca nos dedicamos a buscar honrarias, quer da vossa parte ou mesmo de outros.

7 Muito embora, como apóstolos de Cristo, pudéssemos ter solicitado de vós, o nosso sustento, todavia, agimos entre vós com todo o desprendimento, como a mãe que acarinha os próprios filhos.

8 Assim, por causa do grande afeto por vós, decidimos dar-lhes não somente o Evangelho de Deus, mas igualmente a nossa própria vida, tendo em vista que vos tornastes muito amados por nós.

9 Porque, certamente, vos recordais, caros irmãos, do nosso dedicado e extenuante ministério; e de como, noite e dia, trabalhamos para não vivermos à custa de nenhum de vós, enquanto vos comunicávamos o Evangelho de Deus.

10 Vós e Deus sois testemunhas de como nos portamos de maneira santa, justa e irrepreensível entre vós, os que credes;

11 E sabeis, ainda, que tratávamos a cada um de vós com a mesma deferência que um pai trata seus filhos,

12 suplicando-vos, consolando-vos e oferecendo nosso testemunho, a fim de que possais viver de modo digno de Deus, que os convocou para o seu Reino e glória.

mntwini, ndizicengezela kuThixo kuphela, yena ohleli ezazi iingcinga zethu.

5Niyazi kakuhle ukuba bendingankwalambisi ukuthetha nani. UThixo uyazi ukuba ukunyoluka bendingakwambesi ngentetho emnandi.

6Bendingakuhoye nganto ukudunyiswa ngabantu, nditsho nani, nabani na.

7Bendinako kambe ukunisinda ngesithinzi kuba ndingumthunywa kaKrestu ngenkqu, koko ndisuke ndambuna kuni, ndaba yindlezana ibungezela iintsana zayo.

8Bendinithanda kangangokuba andanelanga nje kukunishumayeza ngeendaba ezimnandi zikaThixo, koko ndazinikela mna siqu ngenxa yenu. Bendinithanda ke khona!

9Khanikhumbule, mawethu, indlela ebesisebenza nzima ngayo sibulaleka. Besisebenza ubusuku nemini, sisebenzela ukuzixhasa, size singabi ngomthwalo mntwini, lo gama sinishumayezayo ngeendaba ezimnandi zikaThixo.

10Niyangqina nani, nditsho noThixo ngenkqu ulingqina ngendlela ebendihlala ngayo ndikholekile, ndililungisa, ndingabekwa bala phakathi kwenu makholwa.

11Niyazi ukuba bendinjengoyihlo kuni nonke ngabanye.

12Bendinithundeza nakutyhafa, ndiniluleka, ndiniyala ukuba nihlale ngendlela emanelisayo uThixo onibizela ewongeni kulawulo lwakhe.

[13] Outro motivo ainda temos nós para, incessantemente, dar graças a Deus: é que, tendo vós recebido a Palavra que de nós ouvistes, que provém de Deus, acolhestes não como simples ensino de homens, mas sim como, em verdade é, a Palavra de Deus, a qual, com toda certeza, está operando eficazmente em vós, os que credes.

[14] Tanto é assim, queridos irmãos, que vos tornastes discípulos das igrejas de Deus em Cristo Jesus que estão na Judeia. Afinal, também vós padecestes, da parte de vossos próprios patrícios, as mesmas crueldades que eles, por sua vez, sofreram dos judeus,

[15] os quais não somente assassinaram o Senhor Jesus e os profetas, como igualmente nos perseguiram. Eles fizeram o que era mau diante de Deus e são hostis a todos,

[16] esforçando-se ao máximo para nos impedir de pregar aos não-judeus a fim de que estes sejam salvos. Dessa forma, seguem acumulando seus pecados. Contudo, sobre eles, chegou finalmente, a ira de Deus.

O desejo de Paulo de voltar a Tessalônica. Seu gozo e seus votos em vista das boas novas que Timóteo lhe trouxe

[17] Nós, no entanto, amados irmãos, privados momentaneamente da vossa companhia pessoal, mas não distantes do vosso coração, trabalhamos incessantemente com o objetivo de ir e ver os vossos rostos;

[18] por isso, queríamos visitar-vos. Eu, Paulo, quis vos saudar face a face não somente uma vez, mas duas; porém, Satanás nos provocou impedimentos.

[13]Nasi esinye isizathu esibanga ukuba ndingaphezi ukumbulela uThixo: nathi sakuba siniphathele udaba lukaThixo, nalwamkela. Analwamkela ngokodaba nje lwabantu, koko nalwamkela njengoko lunjalo, lulilizwi likaThixo elisebenzayo kuni nina nikholwayo.

[14]Nani mawethu, niphatheke ngohlobo awayephatheke ngalo amabandla akwaJuda, abantu bakaThixo abamanywe noYesu Krestu. Nani nitshutshiswa ngamawenukanye ngalaa ndlela bona babetshutshiswa ngayo ngamaJuda,

[15]lawo ayibulalayo iNkosi uYesu nabashumayeli, nathi ngokwethu asigxotha.Lawo ke ngamaJuda angayikhathalelanga intando kaThixo, aziintshaba zoluntu.

[16]Nathi asithintela, engafuni sithethe neentlanga sizikhokelele elusindisweni. Ngokwenjenje ke ayizalisile ibhekile yezono zawo. Kungokunje ingqumbo kaThixo iphezu kwawo.

UPawulos unqwenela ukubatyelela kwakhona

[17]Thina ke, mawethu, sithe sakuba sahlukene nani okomzuzwana – phofu ngembonakalo, hayi ngeentliziyo – sanxuba sinqwenela ukuphinda sinibone.

[18]Sazama ukuza apho eTesalonika – ewe, kanye mna Pawulos akukanye ndizama – kodwa uSathana uxabile endleleni.

[19] Todavia, quando nosso Senhor Jesus retornar, quem será a nossa esperança, alegria ou coroa de glória diante dele? Ora, não sois vós?

[20] Com toda a certeza, vós sois a nossa glória e a nossa grande alegria!

1 Tessalonicenses 3

[1] Por isso, não podendo mais suportar nossa preocupação por vós, achamos melhor ficarmos sozinhos em Atenas;

[2] e, desse modo, enviamos nosso irmão Timóteo, cooperador de Deus no Evangelho de Cristo, para vos fortalecer e vos encorajar na fé,

[3] a fim de que ninguém fraqueje diante dessas aflições; porquanto, estais bem informados de que fomos destinados para isso.

[4] Pois, quando ainda estávamos convosco, já vos advertíamos que haveríamos de sofrer tribulações, como de fato ocorreu, como também é de vosso pleno conhecimento.

[5] Foi por isso que, já não me sendo mais possível continuar aguentando, enviei Timóteo para conhecer o estado da vossa fé, temendo que o Tentador vos tivesse seduzido, tornando inútil todo o nosso empenho.

[6] Agora, contudo, Timóteo acaba de chegar da vossa parte, dando-nos boas notícias a respeito da fé e do amor que tendes. Ele nos relatou que é permanente a vossa lembrança afetuosa quanto a nós, e que é grande o vosso desejo em nos ver pessoalmente, da

[19]Kaloku ekubuyeni kweNkosi yethu uYesu, xa simi phambi kwayo, asinathemba naluvuyo naqhayiya ngaphandle kwenu!

[20]Ewe, ngenene nini nedwa ibhongo novuyo lwethu!

1 KwabaseTesalonika 3

[1]Ngoko ke ndithe ndakuqonda ukuba akunyamezeleki, ndabona ukuba mandisale ndedwa apha eAtene,

[2]ndimthumele kuni uTimoti ongugxa wam kumsebenzi kaThixo wokushumayela iindaba ezimnandi ezingoKrestu. Ndimthumela ukuze anikhuthaze nime ngxishi elukholweni,

[3]ningagungqiswa nto naxa nitshutshiswa. Njengoko nisazi, ezo ntshutshiso zisisabelo sethu kaloku.

[4]Ndatsho kuni oko bendiphakathi kwenu ukuthi simelwe kukubuva ubunzima. Kwenzeke kanye loo nto ke ngoku, njengoko nisazi.

[5]Ndakungabi nakunyamezela ke ndithumele uTimoti ukuba akhe eze kuqonda ngombandela wokholo lwenu, hleze kuthi kanti unihendile uSathana, ndize mna ndibe ndifane ndabulaleka ndisebenza.

[6]Ngoku uTimoti usandul' ukufika evela apho kuni eTesalonika, esiza neendaba ezindonwabisayo, endixelela ngokholo nangothando eninalo. Uthi nisoloko nineengcinga ezintle ngam; yaye uthi nani ninqwenela ukundibona kwanjengokuba ndinqwenela ukunibona nam.

mesma forma como nós ansiamos por ver-vos.

[7] Por isso, irmãos, em toda a nossa necessidade e tribulação nos sentimos encorajados quando soubemos da fé que tendes;

[8] porquanto, se estais firmes no Senhor, há mais alegria em nossa vida.

[9] Pois, quanta gratidão podemos expressar a Deus por vós, diante da grande satisfação com que nos alegramos por vossa causa perante nosso Deus,

[10] suplicando, continuamente, noite e dia, para que possamos ver o vosso rosto e suprir o que falta à vossa fé.

[11] Que o próprio Deus, nosso Pai, e nosso Senhor Jesus preparem o nosso caminho até vós.

[12] Que o Senhor faça crescer e transbordar o amor que tendes uns para com os outros e para com todas as pessoas, a exemplo do nosso amor por vós.

[13] Que Ele fortaleça o vosso coração para serem irrepreensíveis em santidade diante de nosso Deus e Pai, na vinda de nosso Senhor Jesus com todos os seus santos!

1 Tessalonicenses 4

Exortação à santidade, ao amor fraternal e ao trabalho

[1] Quanto ao mais, caros irmãos, já vos orientamos acerca de como viver a fim de agradar a Deus e, de fato, assim estais caminhando. Agora, vos rogamos e encorajamos no Senhor Jesus que, nesse sentido, vos aperfeiçoeis cada vez mais.

[7]Kuzo zonke ke ngoko iinkxwaleko neenzingo zam, ukholo lwenu, mawethu, luyandikhuthaza.

[8]Kaloku ikukuphila kum into yokuba nina nihlale nithe zinzi nimanywe neNkosi.

[9]Ndingambulela ndithini uThixo ngenxa yenu? Ndingambulela ndithini ngenxa yolonwabo enindenzele lona?

[10]Imini nobusuku ndihleli ndithandaza ngenyameko, ndicela ukuba ze ndibuye ndibonane nani, ndize ndilulungise ukholo lwenu apho lulambatha khona.

[11]Wanga uThixo uYise ngenkqu, ekunye neNkosi uYesu, angayenza mhlophe indlela yam xa ndizayo apho kuni!

[12]Yanga ingalukhulisa iNkosi uthando eninalo luphuphume, nithandane, nithande naye wonke ubani, kanye ngale ndlela ndinithanda ngayo mna.

[13]Ngamana iNkosi inganomeleza ngolu thando, ukuze xa nimi phambi koThixo uYise, nifunyanwe ninyulu, ningenabala ekufikeni kweNkosi uYesu, inabo bonke abo bamanywe nayo.

1 KwabaseTesalonika 4

Intlalo ekholisa uThixo

[1]Ngaphezu koko, mawethu, sanifundisa indlela yobomi obumkholisayo uThixo. Le ke phofu yindlela ebeniphila ngayo kakade. Kodwa ke ngoku, njengoko nimanywe neNkosi uYesu, sinicela sinicenga-cenga ukuba nenze ngakumbi.

[2] Pois sabeis os mandamentos que vos recomendamos pela autoridade do Senhor Jesus.

[3] A vontade de Deus é esta: a vossa santificação; por isso, afastai-vos da imoralidade sexual.

[4] Cada um de vós saiba viver com seu próprio cônjuge em santidade e honra,

[5] não dominados pela paixão de desejos sem controle, à semelhança dos pagãos que não conhecem a Deus.

[6] Quanto a este assunto, ninguém seduza ou tire proveito de seu irmão, porque o Senhor castigará todas essas práticas, como já vos advertimos com toda a certeza.

[7] Pois Deus não nos convocou para a impureza, mas sim para a santificação.

[8] Portanto, aquele que rejeita estas orientações não está rejeitando o homem, mas a Deus, que vos outorga o seu Espírito Santo.

[9] No que se refere ao amor fraternal, entretanto, não há necessidade de que eu vos escreva, porquanto vós mesmos estais por Deus instruídos que deveis amar-vos uns aos outros;

[10] e, na verdade, estais praticando esta ordem mesmo para com todos os irmãos em toda a Macedônia. Todavia, vos encorajamos, queridos irmãos, que vos aperfeiçoeis nisto cada vez mais,

[11] buscando viver em paz, cuidando cada qual da sua vida, e trabalhando com as próprias mãos, como já vos orientamos;

[2]Kaloku niyayazi imiyalelo esaninika yona ngegunya leNkosi uYesu.

[3]UThixo uthanda ukuba nibe nyulu, nikucezele ukurheletya.

[4]Umntu ofuna umfazi makathathe umfazi ahlale naye ngobunyulu nembeko,

[5]iinkanuko angaziphi nomtyhi lo njengâbo bangamaziyo uThixo.

[6]Ngokukwanjalo ke makungabikho bani umonayo okanye umvuyelelayo umwabo kulo mbandela. Sesinilumkisile ngaphambili ukuba iNkosi iya kubohlwaya abo benza izinto ezinjalo.

[7]Kaloku uThixo akasibizelanga ekungcoleni, koko ufuna sibe nyulu.

[8]Ngoko ke, nabani na ongayifuniyo le mfundiso akachasi mntu, uchasa uThixo lo unipha uMoya oyiNgcwele.

[9]Akukho mfuneko yakuba ndinichazele ngoxanduva lokuthanda amanye amakholwa, kuba kaloku nina ngokwenu uThixo uyanifundisa ukuba nithandane.

[10]Ibe ke ngenene nani niziphethe ngale ndlela kuwo onke amakholwa kulo lonke elaseMakedoni. Phofu ke, mawethu, ndiyanikhuthaza ukuba niqhubele phambili ukwenjenjalo.

[11]Nokuba yintoni na imeko ibhongo lenu malibe kukuhlala ngoxolo, ningagxuphuleki kwimicimbi yabanye abantu. Philani kukubila kwamabunzi enu njengoko ndandiniyalele.

[12] de modo que vos porteis com dignidade para com os de fora, e de nada venhais a necessitar da parte deles.

Acerca da ressurreição e vinda de Cristo

[13] Não desejamos, no entanto, irmãos, que sejais ignorantes em relação aos que já dormem no Senhor, para que não vos entristeçais como os outros que não possuem a esperança.

[14] Porquanto, se cremos que Jesus morreu e ressuscitou, da mesma maneira devemos crer que Deus, por intermédio de Jesus, trará juntamente com Ele os que nele faleceram.

[15] Afirmamos a todos vós, pela Palavra do Senhor, que nós, os que estivermos vivos quando se der o retorno do Senhor, certamente não precederemos os que dormem nele.

[16] Pois, dada a ordem, com a voz do arcanjo e o ressoar da trombeta de Deus, o próprio Senhor descerá dos céus, e os mortos em Cristo ressuscitarão primeiro.

[17] Logo em seguida, nós, os que estivermos vivos sobre a terra, seremos arrebatados como eles nas nuvens, para o encontro com o Senhor nos ares. E, assim, estaremos com Cristo para sempre!

[18] Consolai-vos, portanto, uns aos outros com estas palavras.

1 Tessalonicenses 5

[1] Caros irmãos, em relação aos tempos e épocas, não é necessário que eu vos escreva;

[12]Ngale ndlela ke nabo bangakholwayo baya kutsho banihloniphe; futhi ke ningaxhomekeki mntwini ngeentswelo zenu.

Ukubuya kweNkosi

[13]Ndithanda ukunicacisela, mawethu, mayela nâbo bangasekhoyo, ukuze ningabi lusizi njengabantu abangenathemba.

[14]Kaloku siyakholwa ukuba uYesu wafa, wabuya wavuka. Ngokukwanjalo ke nâbo bafe bemanywe noYesu uThixo uya kubabuyisa kunye noYesu.

[15]Le nyaniso ndinixelela yona lilizwi leNkosi: Thina baya kuba besaphila ngemini yokubuya kweNkosi asiyi kufumana nto bangayi kuyifumana abo bangasekhoyo.

[16]Liya kuhlokoma ilizwi lesiphatha-zithunywa, sivakale nesandi sexilongo likaThixo, ize iNkosi ngokwayo ihle ezulwini. Bothi abo bafa bemanywe noKrestu bavuke kuqala,

[17]nathi ke baya kuba besaphila ngelo xesha sixhwilwe sidibane nabo emafini, size sihlangane neNkosi esibhakabhakeni. Ke siya kuhlala neNkosi njalo-njalo.

[18]Ngoko ke khuthazanani ngala mazwi.

1 KwabaseTesalonika 5

[1]Mawethu, akukho mfuneko yakuba ndinibhalele mayela namaxesha namathuba.

[2] pois vós mesmos estais bem informados de que o Dia do Senhor virá como "ladrão à noite".

[2]Kaloku nazi kakuhle ukuba iMini yeNkosi ifika njengesela eliza ngobusuku.

[3] Quando vos afirmarem: "Paz e segurança!", eis que repentina destruição se precipitará sobre eles, assim como "as dores de parto" tomam uma mulher grávida, e de forma alguma encontrarão escape.

[3]Ngelo xesha akuyi kusinda mntu, kuba lo gama kanye abantu bathi lixolile, bakhuselekile, lifika ngequbuliso ishwangusha kubo, kanye njengentlungu eviwa ngumfazi oza kuzala.

[4] Entretanto, vós irmãos, não estais vivendo nas trevas, para que esse Dia, como se fosse um ladrão, vos ataque de surpresa;

[4]Ke nina, mawethu, anihambi emnyameni. Loo mini ke ayimelwe kunifikela ngebhaqo ngokwesela.

[5] porquanto, vós todos sois filhos da luz e filhos do dia; nós não somos da noite, muito menos das trevas.

[5]Nina ningabantu bokukhanya, abantu abahamba emini. Thina asibantu bahamba ngobusuku, emnyameni.

[6] Assim, pois, não durmamos como os demais; mas estejamos alertas e sejamos sóbrios;

[6]Masingalali buthongo ke thina njengabanye abo; masiphaphe, singanxili.

[7] pois os que dormem, adormecem de noite, e os que se embriagam, é de noite que se embebedam.

[7]Kulalwa ebusuku ngabalalayo; kunxilwa ebusuku ngamanxila.

[8] Nós, no entanto, que somos do dia, sejamos sóbrios, revestindo-nos da armadura da fé e do amor, tendo por capacete a esperança da salvação.

[8]Ke thina bantu bahamba emini masinganxili, koko masambathe ukholo nothando njengesikhuselo-sifuba, sithwale ithemba lokusindiswa njengomnqwazi wokukhusela intloko.

[9] Porque Deus não nos designou para a ira, mas para sermos contemplados pela salvação por intermédio de nosso Senhor Jesus Cristo.

[9]Kuba kaloku uThixo akasinyulelanga ingqumbo, usinyulele ukuba sizuze usindiso ngoYesu Krestu iNkosi yethu,

[10] Ele morreu por nós para que, quer estejamos acordados quer dormindo, vivamos unidos a Ele.

[10]owasifela ukuze sihlale kunye naye, nokuba silele nokuba asilele.

[11] Por isso, aconselhai-vos e encorajai-vos mutuamente, como de fato já estais fazendo.

[11]Ngoko ke, njengoko senenjenjalo kakade, khuthazanani, nakhane omnye nomnye.

Preceitos diversos, votos e saudações

Isiphetho nombuliso

12 Caros irmãos, agora vos suplicamos que dedicais toda a consideração para com os que se esforçam no ministério, os quais vos lideram e aconselham no Senhor;
13 e que os tenhais na mais alta estima, expressando vosso amor e reconhecimento pela obra que realizam para convosco. Caminhai em paz uns com os outros.
14 Irmãos, também vos exortamos a que admoesteis os sonolentos, consoleis os desanimados, ampareis os fracos e sejais pacientes para com todos.

15 Evitai que ninguém retribua o mal com o mal, mas encorajai que todos sejam bondosos uns para com os outros.

16 Conservai permanentemente a vossa alegria!
17 Orai constantemente.
18 Dai graças em toda e qualquer circunstância, porquanto essa é a vontade de Deus em Cristo Jesus para convosco.
19 Não apagueis o fulgor do Espírito!
20 Não trateis com desdém as profecias,
21 mas, examinai todas as evidências, retende o que é bom.
22 Afastai-vos de toda a forma de mal.

23 Que o próprio Deus da paz vos santifique integralmente. Que todo o vosso espírito, alma e corpo sejam mantidos irrepreensíveis na vinda de nosso Senhor Jesus Cristo.

24 Aquele que vos chama é fiel, e Ele também o fará.
25 Irmãos, orai por nós.
26 Saudai todos os irmãos com um beijo santo.

12Ndiyanicenga, mawethu, babekeni abo babulaleka ngenxa yenu, betyunjwe yiNkosi ukuba banikhokele baniqeqeshe.

13Bahloneleni nibathande ngenxa yomsebenzi abawenzayo. Nina hlalani ngoxolo omnye nomnye.
14Ndiyanibongoza, mawethu, bakhalimeleni abanxaxhayo, nibakhuthaze abatyhafileyo, nibasekele ababuthathaka, nibaphathe ngomonde xa bebonke.
15Makungabikho bani ubuyekeza ububi ngobubi, kodwa maxa onke zamani kangangoko ninako ukulungiselelana, nibanceda bonke abantu.

16Vuyani maxa onke,

17nithandaze njalo-njalo.
18Nakuyiphi na imeko bulelani. UThixo uthanda ukuba nenjenjalo njengokuba nimanywe noKrestu Yesu nje.
19UMoya oyiNgcwele sanukumminxa;
20ilizwi elivela eNkosini sanukulidela.
21Ziphicotheni zonke izinto, nize ninyamekele leyo ilungileyo.
22Nayiphi na into embi yityesheleni.
23Wanga ke uThixo osinika uxolo anganenza nyulu ngeendlela zonke, anigcine ngokupheleleyo, umoya nomphefumlo nomzimba, ningabi nabala ekufikeni kweNkosi uYesu Krestu.
24Uthembekile lo unibizayo; uya kuyenza yonke le nto.
25Nathi sithandazeleni, mawethu.
26Wabuliseni ngokwamakholwa onke amawethu.

[27] Encarrego-vos, pelo Senhor, que esta carta seja lida para todos os irmãos.
[28] A graça de nosso Senhor Jesus Cristo esteja em todos vós!

[27]Ndiyaniyala ngegunya leNkosi ukuba le leta niyifundele onke amakholwa.
[28]Lwanga ubabalo lweNkosi yethu uYesu Krestu lungahlala nani.

2 Tessalonicenses

2 Tessalonicenses 1

Prefácio e saudação

[1] Paulo, Silvano e Timóteo à igreja dos tessalonicenses, em Deus nosso Pai e no Senhor Jesus Cristo:

[2] graça e paz a vós outros, da parte de Deus Pai e do Senhor Jesus Cristo.

O progresso e a constância dos tessalonicenses na fé e no amor, a despeito das perseguições

[7]Zigqale ezi ndawo, yaye iNkosi yokunceda uziqonde kakuhle.

[8]Khumbula ukuba uYesu Krestu wavuswa ekufeni, engumzukulwana kaDavide, njengoko nditshoyo xa ndishumayela iindaba ezimnandi.

[9] pelo qual sofro a ponto de ser preso como criminoso; mas a Palavra de Deus não está algemada.

[10] Por este motivo, suporto todas as aflições por amor dos eleitos, para que também eles alcancem a salvação que está em Cristo Jesus, com glória eterna.

[11] Esta palavra é absolutamente digna de crédito: Se já morremos com Ele, da mesma forma com Ele viveremos;

[12] se perseverarmos, com Ele igualmente reinaremos; se o negarmos, Ele também nos negará;

[13] mas se somos infiéis, Ele, entretanto, permanece fiel, pois não pode negar-se a si mesmo.

Conduta a seguir com aqueles que se afastam da sã doutrina e da pureza cristã

[14] Continua a lembrar essas orientações a todos, advertindo-os solenemente na presença de Deus, para que não se envolvam em discussões acerca de teorias vazias; isso não produz nada de bom, e serve tão somente para perverter os ouvintes.

[15] Procura, isto sim, apresentar-te aprovado diante de Deus, como obreiro que não tem do que se envergonhar e que maneja corretamente a Palavra da verdade.

[16] Evita, pois, as conversas inúteis e profanas, porquanto os que agem assim promovem ainda mais a impiedade,

[17] e tais palavras se alastrarão como câncer; entre estes se encontram Himeneu e Fileto.

[9]Nditsala nzima ngenxa yokuzivakalisa. Sendide ndavalelwa entolongweni ngathi ndisisaphula-mthetho. Kodwa lona ilizwi likaThixo alivalelekanga.

[10]Yonke loo nto ndiyinyamezele ngenxa yabanyulwa bakaThixo, ndinale njongo yokuba nabo balufumane usindiso newonga elingonaphakade ngokumanywa noKrestu Yesu.

[11]Athembekile la mazwi athi: “Ukuba sife simanyene naye, sodla ubomi kwakunye naye.

[12]Ukuba siyanyamezela, soxhamla ukulawula kwakunye naye. Ukuba siyamkhanyela, naye wosikhanyela.

[13]Ukuba asinyaniseki, uhlala enyanisekile yena, kuba kaloku akanakuzikhanyela yena siqu.”

Isicaka esivunyiweyo

[14]Hlala ubakhumbuza abantu, ubalumkise phambi koThixo, bangenzi zingxoxo zixabanisayo, kuba azakhi, koko ziyabenzakalisa abaphulaphuli.

[15]Zama kangangoko unako ukuba ukholeke kuThixo, ube ngumntu ongenadyudyu ngomsebenzi wakhe, uyifundisa ngokufanelekileyo inyaniso.

[16]Sukungena kwiincoko ezilambathayo zeli phakade, kuba abo bangena kuzo baya bechasela kuThixo.

[17]Ngokunjalo nemfundiso yabo inwenwa okwesilonda esibhidlayo. Banjalo ooHimeniyo noFileto.

[18] Eles se desviaram da verdade, proclamando que a ressurreição já aconteceu, e com isso corromperam a fé de alguns.

[19] Contudo, o firme fundamento de Deus permanece inabalável e autenticado com esse selo: “O Senhor conhece os seus” e “Aparta-se da injustiça todo aquele que professa o nome do Senhor”.

[20] Numa grande casa há vasos não somente de ouro e prata, mas também de madeira e barro; alguns para nobres finalidades, outros para fins desonrosos.

[21] Se alguém se purificar destes pecados, será como vaso de honra, santificado, útil para o Senhor e preparado para todo bom serviço.

[22] Foge igualmente das paixões malignas da juventude e segue a justiça, a fé, o amor e a paz em comunhão com os que invocam o Senhor de coração puro.

[23] E rejeita as questões insensatas e improdutivas, sabendo que geram apenas discussões.

[24] Ao servo do Senhor não convém discutir, mas sim, ser amável para com todos, capacitado para ensinar, paciente.

[25] Deves saber corrigir com mansidão os que se te opõem, na expectativa de que Deus lhes conceda o arrependimento, conduzindo-os ao pleno conhecimento da verdade,

[26] para que dessa maneira retornem ao bom senso e se livrem da armadilha do Diabo, que os capturou, a fim de agirem conforme a sua vontade.

[18]Bayiphosile inyaniso, futhi bawawisile amanye amakholwa, besithi uvuko lwabafileyo selufikile.

[19]Kodwa sona isiseko esimiswe nguThixo asigungqi, sinombhalo othi: “INkosi iyabazi abayo,” kwanothi: “Wonke umntu olibizayo igama leNkosi makahlukane nesono.”

[20]Uyabona ke, endlwini enkulu kubakho iindidi ngeendidi zezitya: ezinye zezegolide, ezinye zezesiliva, zimbi zezomthi, ezinye zezodongwe; ezinye zazo zixabisekile, kanti ke ezinye azixabisekanga.

[21]Ukuba umntu uyazikhwebula ekungcoleni abe nyulu, uya kuxabiseka, iNkosi yakhe ibe nako ukumsebenzisa nakuwuphi na umsebenzi omhle.

[22]Ziphephe iinkanuko zobutsha; phuthuma ukulungisa, ukholo, uthando, noxolo, umanyene nabo bonke abayinqula ngokunyaniseka iNkosi.

[23]Sukuthatha nxaxheba kwiingxoxo ezilambathayo zobudenge! Kaloku zona isiphelo sazo yingxabano.

[24]Isicaka seNkosi asifanele kulwa, koko sifanele ukuba nobubele kubantu bonke. Sifanele ukuba nemfundiso, sinomonde,

[25]sithantamise xa siluleka abo bachasayo. Kaloku iNkosi isenokubapha inguquko, bayiqonde inyaniso,

[26]baze babuyele ezingqondweni, benze intando kaThixo, basiphephe isabatha abebebanjiswe ngaso ngumtyholi.

2 Timóteo 3

Extrema corrupção nos últimos tempos

[1] Sabe, entretanto, disto: nos últimos dias sobrevirão tempos terríveis.

[2] Os homens amarão a si mesmos, serão ainda mais gananciosos, arrogantes, presunçosos, blasfemos, desrespeitosos aos pais, ingratos, ímpios,

[3] sem amor, incapazes de perdoar, caluniadores, sem domínio próprio, cruéis, inimigos do bem,

[4] traidores, inconsequentes, orgulhosos, mais amigos dos prazeres do que amigos de Deus,

[5] com aparência de piedade, todavia negando o seu real poder. Afasta-te, portanto, desses também.

[6] Porque são pessoas assim que se intrometem pelas casas e conquistam mulheres insensatas sobrecarregadas de pecados, as quais se deixam levar por toda espécie de desejos.

[7] Elas estão sempre aprendendo, mas jamais conseguem chegar ao conhecimento da verdade.

[8] E à semelhança de Janes e Jambres que se colocaram contra Moisés, esses também se opõem à verdade. São homens que tiveram suas mentes corrompidas; são reprovados na fé.

[9] Contudo, não irão longe; pois, como no caso daqueles opositores, a insensatez que lhes é própria se manifestará claramente a todos.

Exortação a perseverar na sã doutrina e a pregar em todas as ocasiões

2 KuTimoti 3

Imihla yokugqibela

[1]Kucace mhlophe ukuba imihla yokugqibela iya kuba ngamaxesha anzima.

[2]Abantu baya kuba ngabathandi beziqu zabo, bathande imali, bezigwagwisa, bengoozwi-labo. Baya kunyelisa, bangathobeli bazali, bengabuleli, beluchasa unqulo,

[3]bengenabuntu, bengaxoleli mntu, behleba. Baya kuba nengcwangu, beziindlobongela, bayithiye into elungileyo.

[4]Baya kuba ngabangcatshi, bafane benze, benekratshi. Baya kuthanda iziyolo kunoThixo.

[5]Baya kulwamkela unqulo ngembonakalo, kodwa bewaphika amandla alo. Ke wena uze ungahambi nabantu abanjalo.

[6]Abanye babo bahamba bechwechwela imizi, bexhaphaza abafazi abangenazimilo, ababotshwe zizono zabo, beluthuzeliswa ziinkanuko.

[7]Aba ke bahlala befunda, kodwa abaze bafikelele ekuyazini inyaniso.

[8]Abantu abanje bayayichasa inyaniso kwanjengokuba uJanes noJambres bamchasayo uMosis. Aba bantu abakwazi ukuqiqa, futhi ukholo lwabo luphuthile.

[9]Abasoze bahambele ndawo, kuba ububhanxa babo buya kubonakala nakubani na kwanjengokuba kwaba njalo nakubachasi bakaMosis.

Isiyalo

[10] Tu, porém, tens seguido atentamente minha teologia, procedimento, propósitos, fé, paciência, amor, perseverança;

[10]Kodwa ke wena, nyana wam, uze uhambe rhoqo ekhondweni lam, ngeemfundiso, ngokuziphatha, ngeenjongo, ngokholo, ngomonde, nangothando, nangokunyamezela

[11] observado minhas perseguições e aflições, que sofri em Antioquia, Icônio e Listra. Quantas perseguições suportei! Contudo, de todas o Senhor me livrou!

[11]ngexesha leentshutshiso, nasebunzimeni. Izinto ezandihlelayo eAntiyokwe, eIkoniyo,naseListra, uyazi ukuba ndazithwala, iNkosi indihlangula kuzo zonke.

[12] De fato, todas as pessoas que almejam viver piedosamente em Cristo Jesus serão perseguidas.

[12]Kambe intshutshiso yomfikela nawuphi na umKrestu ofuna ukuhlala esoyika iNkosi.

[13] Todavia, os perversos e impostores andarão de mal a pior, enganando e sendo enganados.

[13]Kodwa zona izikhohlakali nezikrelemnqa ziya kuqhuba zisuka ebubini ziye kobungaphezulu ububi, zihamba zikhohlisa, zikhohliswa nazo.

[14] Tu, no entanto, permanece no ensino que recebeste e sobre o qual tens plena convicção, sabendo perfeitamente de quem o tem aprendido.

[14]Ke wena yayamana rhoqo neenyaniso ozifundileyo waqinisekiswa ngazo. Khumbula ukuba uzifunde kubani na.

[15] Porque desde a infância sabes as Sagradas Letras que têm o poder de fazer-te sábio para a salvação, por intermédio da fé em Cristo Jesus.

[15]Khumbula ukuba kwausengumntwana waqhelaniswa neziBhalo eziNgcwele ezikunika ubulumko, khon' ukuze usindiswe ngokukholwa kuKrestu Yesu.

[16] Toda a Escritura é inspirada por Deus e proveitosa para ministrar a verdade, para repreender o mal, para corrigir os erros e para ensinar a maneira certa de viver;

[16]Sonke isibhalo sinefuthe loMoya kaThixo. Siyanceda ekufundiseni inyaniso nokuchitha imposiso. Siyanceda ukulungisa isimilo, sinike ingqeqesho;

[17] a fim de que todo homem de Deus tenha capacidade e pleno preparo para realizar todas as boas ações.

[17]ukuze lowo uzinikele kuThixo abe namandla okuwuphumeza nawuphi na umsebenzi omhle.

2 Timóteo 4

2 KuTimoti 4

[1] Eu te encorajo solenemente, na presença de Deus e de Cristo Jesus, que há de julgar

[1]Ndiyakuyala phambi koThixo noYesu Krestu oza kugweba abahleliyo nabafileyo, xa afikayo eze kulawula.

os vivos e os mortos, por ocasião da sua manifestação pessoal e mediante seu Reino:

2 Prega a Palavra, insiste a tempo e fora de tempo, aconselha, repreende e encoraja com toda paciência e sã doutrina.

3 Porquanto, chegará o tempo em que não suportarão o santo ensino; ao contrário, sentindo coceira nos ouvidos, reunirão mestres para si mesmos, de acordo com suas próprias vontades.

4 Tais pessoas se recusarão a dar ouvidos à verdade, voltando-se para os mitos.

5 Tu, no entanto, sê equilibrado em tudo, suporta os sofrimentos, faze a obra de um evangelista e cumpre teu ministério.

6 Quanto a mim, já estou sendo derramado como vinho na oferta de libação. O momento da minha partida se aproxima.

7 Combati o bom combate, completei a corrida, perseverei na fé!

8 Agora me está reservada a coroa da justiça, que o Senhor, justo Juiz, me concederá naquele Dia; e não somente a mim, mas certamente a todos os que amarem a sua vinda.

9 Procura vir ao meu encontro o mais depressa possível.

10 Porquanto Demas, havendo amado mais o mundo secular, me abandonou e se foi para Tessalônica. Crescente foi para a Galácia, e Tito, para a Dalmácia.

2Lushumayele udaba, zingisa ukuluvakalisa ngamathuba alungileyo naxakileyo. Baqononondise abantu, ukhalime, ubakhuthaze, ufundisa ngomonde.

3Liyeza lona ixesha lokuba abantu banganeliswa konke yimfundiso emsulwa. Bosuka balandele iingqiqo zabo, bazifunele abafundisi abaninzi bokubafundisa izinto abazilangazelelayo.

4Baya kuyifulathela inyaniso, baphulaphule iintsomi.

5Kodwa ke wena zola; ngamaxesha onke hlala ugcisile. Khalipha xa kunzima. Iindaba ezimnandi zihambise, uzenze zonke iimfanelo zobizo lwakho.

6Okokwam ke mna, ubomi bam sebuphalazwa njengedini; nexesha lam lokunduluka selisongekile.

7Ndizabalazile elugqatsweni olukhulu; ngoku ndifikile entanjeni; ke lona ukholo ndilugcinile.

8Ngoku ke sendilindelwe yimbasa, isithsaba esibonakalisa ubulungisa, eya kundithwesa sona ngaloo Mini inkulu iNkosi, uMgwebi ogweba engenaxanasi. Phofu ke asindim ndedwa olindelwe seso sithsaba, koko ngabo bonke abayithandayo iNkosi eza kufika.

Imiyalezo

9Zama kangangoko unako ukuba uze kundibona ngokukhawuleza.

10Kaloku uDemas undibalekile, waya eTesalonika ngenxa yokuthanda izinto zeli lizwe. UKreske yena useGalati, yena uTito useDalmati.

[11] Somente Lucas está comigo. Toma a Marcos e traze-o contigo, pois ele me é de grande auxílio para o ministério.
[12] Mandei Tíquico para Éfeso.
[13] Quando vieres, traze-me a capa que deixei em Trôade, na casa de Carpo, e os livros, principalmente os pergaminhos.
[14] Alexandre, que trabalha com bronze, prejudicou-me severamente; o Senhor com certeza lhe retribuirá conforme as suas atitudes.

[15] Tenhas muita cautela com ele, pois se opôs fortemente às nossas palavras.

[16] Na minha primeira defesa, ninguém se fez presente para me ajudar; pelo contrário, todos me desampararam. Contudo, que isto não lhes seja imputado em juízo.
[17] Todavia, o Senhor permaneceu ao meu lado e me abençoou com forças para que por meu intermédio a Mensagem fosse plenamente proclamada, e todos os que não são judeus a ouvissem. E eu fui livrado da boca do leão!

[18] Assim, o Senhor me livrará também de toda a obra maligna e me conduzirá a salvo para o seu Reino celestial. A Ele seja a glória para todo o sempre. Amém!

[19] Saúda a Prisca e Áquila e à casa de Onesíforo.

[20] Erasto permaneceu em Corinto, mas deixei Trófimo enfermo em Mileto.

[11]NguLuka yedwa okhoyo apha kum. Xa uzayo uze ungamshiyi uMarko, kuba uluncedo olukhulu kum emsebenzini.
[12]UTikikondimthume e-Efese.
[13]Xa uzayo uze undiphathele ingubo yam endayishiya kuKarpo eTrowa, kunye neencwadi, ingakumbi ezamanqaku.

[14]UAlesandire, ingcibi yezinto zekopolo, wandenza into embi. INkosi yondiphindezela kuye!

[15]Nawe kungakuhle umlumkele. Wayendiphikisa kakhulu kuyo yonke into endiyithethayo.
[16]Akuzanga kubekho namnye umntu oweza kundixhasa ukuqala kokuvavanywa kwetyala lam. Bonke bandishiya enyanyeni. Wanga akangebohlwayi ngaloo nto uThixo!

[17]INkosi yaba nam, yandomeleza phezu koko. Ndaba nako ukuzishumayela iindaba zayo ezimnandi, abantu beentlanga zonke bephulaphule. Yandihlangula emlonyeni wengonyama.

[18]Yondikhusela iNkosi kulo naliphi na ilinge lokundenzakalisa. Yondikhusela ndide ndifike kulawulo lwayo ezulwini. Huntshu-u-u! Mayibongwe iNkosi ngonaphakade! Amen.

Imibuliso

[19]Bulisa kuPriska nakuAkwila, nakusapho lukaOnesiforo.
[20]UErasto wasala eKorinte. Yena uTrofimo ndamshiya eMileto kuba wayengaphilanga.

[21] Apressa-te a vir antes do inverno. Êubulo, Prudente, Lino, Cláudia e todos os irmãos te enviam fraternais saudações.

[22] O Senhor seja com o teu espírito. A graça seja com todos vós!

[21]Nceda ufike kungekabi sebusika. OoYubhulo noPudens noLino kunye noKlawudiya bayabulisa. Onke amakholwa ayabulisa ngokunjalo.

[22]INkosi mayibe nawe. Makanenzele isisa uThixo nonke.

Tito	KuTito

Tito 1

Prefácio e saudação

[1] Paulo, servo de Deus e apóstolo de Jesus Cristo, para promover a fé que é dos eleitos de Deus e o pleno conhecimento da verdade que conduz à piedade;

[2] fé e conhecimento que se fundamentam na esperança da vida eterna, a qual o Deus que não mente prometeu antes da criação do mundo.

[3] No devido tempo, ele trouxe à luz sua Palavra, por meio da pregação que me foi confiada por determinação de Deus, nosso Salvador,

[4] a Tito, meu verdadeiro filho em nossa fé comum: graça e paz da parte de Deus Pai e de Cristo Jesus, nosso Salvador.

Encargo de organizar a igreja de Creta e reprimir falsos doutores

[5] Para esta missão te deixei em Creta, para que pusesses em ordem o que ainda faltava e constituísses presbíteros, de acordo com as minhas orientações.

[6] É necessário, portanto, que o presbítero seja irrepreensível, marido de uma só mulher e tenha filhos cristãos que não sejam acusados de libertinagem ou de insubmissão.

[7] Por ser encarregado da obra de Deus, é indispensável que o bispo seja

KuTito 1

Isingeniso

[1]Kubhala mna Pawulos osisicaka sikaThixo nomthunywa kaYesu Krestu. Ndamiselwa ukholo lwabantu bakaThixo abanyuliweyo, nokwaziwa kwenyaniso njengoko injalo kunqulo lwethu,

[2]kunye nethemba lobomi obungenasiphelo. Ewe, uThixo ongasoze axoke wasithembisa ngobomi obungenasiphelo kwakwizizukulwana zamandulo.

[3]Ngoku ke uthe ngexesha lakhe elifanelekileyo wabutyhila ngokwakhe ngokuvakaliswa kodaba lwakhe andiphathise lona ngommiselo kaThixo onguMsindisi wethu.

[4]Ndibhalela uTito, unyana wam ngenene ngokwaselukholweni esidlelana ngalo. Ndithi: Kuwe makube sisisa noxolo oluvela kuThixo uBawo wethu, noKrestu Yesu uMsindisi wethu.

Umsebenzi kaTito eKrete

[5]Ndakushiya apho eKrete ngenjongo yokuba umise izinto ngendlela efanelekileyo, ngakumbi ke ukuba umisele amadoda amakhulu kuzo zonke iidolophu ngokomyalelo wam kuwe. Yiyo le loo miyalelo:

[6]Indoda leyo mayibe ngumntu ongenabala, oyindoda enomfazi omnye, obantwana bakholwayo, bangadumi ngobundlobongela, nentswela-mbeko.

[7]Njengesicaka sikaThixo inkokheli mayibe ngumntu ovunyiweyo ngesimilo. Mayingabi

irrepreensível: não arrogante, não briguento, não apegado ao vinho, não violento, nem dominado pela ganância.

[8] Ao contrário, é preciso que ele seja hospitaleiro, amigo do bem, sensato, justo, piedoso, tenha domínio próprio

[9] e apegue-se firmemente à fiel Palavra, da forma como foi ministrada, a fim de que seja capaz tanto de encorajar os crentes na sã doutrina quanto de convencer os que se opõem a ela.

[10] Porquanto há muitos insubmissos, que não passam de tagarelas e ludibriadores, principalmente os do grupo da circuncisão.

[11] É necessário fazê-los calar, pois, motivados pela cobiça, transtornam casas inteiras, pregando o que não convém.

[12] Um dos seus próprios profetas declarou: “Os cretenses são sempre mentirosos, feras malignas, glutões preguiçosos”.

[13] Esse testemunho é verdadeiro. Portanto, repreende-os com toda a severidade, para que se submetam a uma só fé sadia,

[14] não dando ouvidos a fábulas judaicas, nem a mandamentos de homens que se desviam da verdade.

[15] Para as pessoas puras, tudo é puro; no entanto, para os corrompidos e descrentes, nada é puro; pelo contrário, tanto a razão quanto a consciência deles estão pervertidas.

[16] Eles afirmam que conhecem a Deus, mas por meio de suas atitudes o negam; e por

nguzwi-lakhe, okanye umntu onephuku; mayingabi linxila okanye indlobongela, ingabi ngumntu olithandamali,

[8]kodwa makabe nobubele, ayithande into entle, abe ngozinzileyo ngengqondo, ongenamkhethe, abe ngozinikeleyo, ezoyisa.

[9]Kufuneka ayithande imfundiso yodaba oluthembekileyo, ukuze abanike imfundiso ephilileyo abaphulaphuli, akwazi ukubakhalimela abachasayo.

[10]Ngenene baninzi abavukeli abalahlekisa abanye ngemfeketho, ingakumbi abo basuka kwinkolo yobuJuda.

[11]Kufuneka ubavale imilomo abanjalo, kuba balukuhla imizi ngokufundisa izinto ezingafanelekanga, ngeenjongo zokuzuza imali.

[12]Omnye umshumayeli wamaKrete wathi ukuthetha ngamawabo: “AmaKrete ngamaxoki, ziindlobongela, ngamanqenerha nezinyolu-nyolu.”

[13]Ngenene loo nto yinyaniso! Ngoko ke esi sisizathu esenza kube yimfuneko ukuba ubakhalimele ngqongqo, khon' ukuze bafumane ukholo oluphilileyo,

[14]endaweni yokulandela iintsomi zobuJuda nemigaqo yabantu, engumsebenzi wabantu abayifulatheleyo inyaniso.

[15]Yonke into inyulu kwabo banyulu; kodwa ke akukho nto inyulu kwabangqondo zingcolileyo, bengakholwa. Kaloku ingqiqo nezazela zabo zingcolile.

[16]UThixo bayamvuma ngomlomo, kodwa bayamphika ngezenzo zabo. Iinkani zabo

isso são abomináveis, insubordinados e desqualificados para qualquer boa obra.

zenza bangabi nako mpela ukwenza umsebenzi omhle.

Tito 2

Exortações aos velhos, às mulheres, aos jovens e aos servos. Tito deve ser, ele mesmo, um exemplo em tudo

1 Tu, porém, prega o que está em harmonia com a sã doutrina!

2 Encoraja aos mais velhos para que sejam equilibrados, respeitáveis, sensatos, sadios na fé, no amor e na perseverança.

3 Semelhantemente, ensina as mulheres maduras a serem reverentes quanto a seu estilo de vida, não caluniadoras, não viciadas em muito vinho, mas capazes de ensinar o que é bom.

4 Dessa forma, estarão aptas para orientar as mulheres mais jovens a amarem seus maridos e filhos,

5 a serem equilibradas, puras, dedicadas a seus lares, a cultivarem um bom coração, submissas a seus maridos, a fim de que a Palavra de Deus não seja difamada.

6 Exorta de igual modo os jovens para que tenham bom senso.

7 Que teu modo de agir seja exemplar em tudo; na teologia, mostra integridade, sobriedade,

8 linguagem sadia e irrepreensível, para que todo inimigo seja envergonhado, não tendo razão para falar mal de nós.

9 Instrui os escravos a se submeterem em tudo a seus senhores, a tomarem a iniciativa de agradar-lhes, a não serem respondões e

KuTito 2

Imfundiso ephilileyo

1Wena ke, shumayela ngendlela engqinelana nemfundiso ephilileyo.

2Amadoda amakhulu makangabi ngomanxila; makazimaseke, abe ngcathu; enokholo, nothando, nonyamezelo.

3Nabo abafazi abakhulu mabandiliseke, bangabi nalulwimi, banganxili butywala, bakwazi ukufundisa,

4ukuze babonise abafazana ukuthanda abayeni babo nabantwana babo.

5Abafazana mababe ngcathu, bakwazi ukuziphatha nyulu, bakhuthale emizini yabo, balulamele amadoda abo, ukuze bangalihlazisi ilizwi likaThixo.

6Kanti nabo abafana bafundise ukuziphatha ngobungcathu.

7Kuyo yonke into oyenzayo yiba ngumzekelo omhle kubo. Xa ufundisa, mababone ukuzimisela nokundiliseka kwakho.

8Yonke intetho yakho mayibe ngamazwi akhethiweyo, ukuze okuphikisayo akhohlwe kukuthetha, axakeke, angabi nandawo yakugxeka.

9Izicaka zifundise ukuthobela abaphathi, zibakholise kwinto yonke. Mazingaphendulani nabo,

[10] a não furtá-los; pelo contrário, a demonstrarem que são completamente dignos de confiança, a fim de que todos observem o esplendor da doutrina de Deus, nosso Salvador.

A graça da salvação há de manifestar-se a todos, e Tito deve falar dela

[11] Porquanto, a graça de Deus se manifestou salvadora para todas as pessoas.

[12] Ela nos orienta a renunciar à impiedade e às paixões mundanas e a viver de maneira sensata, justa e piedosa nesta presente era,

[13] enquanto aguardamos a bendita esperança: o glorioso retorno de nosso grande Deus e Salvador, Jesus Cristo.

[14] Ele, que se entregou a si mesmo por nós para nos remir de toda maldade e purificar para si um povo todo seu, consagrado às boas obras.

[15] Prega essas instruções, encoraja e repreende com toda a autoridade. Ninguém te menospreze!

Tito 3

[1] Lembra a todos que devem ser submissos aos que sobre eles governam; e às autoridades, sejam obedientes, estejam sempre prontos a fazer tudo o que é bom,

[2] não promovam a calúnia de ninguém, sejam pacíficos, equilibrados, demonstrando verdadeira mansidão para com todas as pessoas.

[3] Porquanto, houve um tempo em que também nós éramos insensatos e

[10]zingebi nokuba. Koko mazisoloko zinyanisekile, zibonakalisa intembeko, ukuze inconywe imfundiso engoThixo nangoMsindisi ngenxa yokuziphatha kwazo.

[11]Kaloku uThixo usibonakalisile isisa sakhe, ukuze asindise lonke uluntu.

[12]Ngaso safundiswa ukuzilumla kwizinto ezisahlukanisa noThixo, nakwiminqweno emibi. Sifundiswe nokuhlala singcathu sinyanisekile, nokuhlonela uThixo kobu bomi.

[13]Senjenjalo sikhangele ngethemba kuloo mhla aya kuvela ngawo enobungangalala uThixo wethu omkhulu, uMsindisi wethu uYesu Krestu.

[14]Nguye owazenza idini ngenxa yethu, wasikhupha ekudeleni umthetho. Wasenza abantu bakhe abanyulu, abalangazelela ukwenza okulungileyo.

[15]Zizo ke ezo iingongoma omawuzifundise, usebenzisa igunya lakho, ukhuthaza, ungxolisa. Makungabikho mntu ukudelayo.

KuTito 3

Ihambo yomKrestu

[1]Bakhumbuze abantu ukuba yimfanelo yabo ukuthobela abasemagunyeni nabalawulayo, kwakunye nokwenza okulungileyo ngalo lonke ixesha.

[2]Baxelele ukuba mabangahambi bethetha ulwimi ngabantu, behamba besilwa, koko mababe nobulali nembeko kuye wonke ubani.

[3]Kaloku khumbula ukuba nathi bekhe sazizidenge, sineenkani, silahlekile.

desobedientes; vivíamos iludidos e escravizados por toda espécie de paixões e prazeres. Servíamos à maldade e à inveja, sendo desprezíveis e odiando-nos uns aos outros.

Sasibotshwe yiminqweno neziyolo zeendidi zonke. Sasihlala intlalo yasebubini, silawulwa ngumona. Sasicatshukelwa, nathi sibacaphukela abantu.

[4] Contudo, quando da parte de Deus, nosso Salvador, foram manifestadas a misericórdia e o amor pela humanidade,

[4]Kodwa kuthe lakuthi tha ehlabathini uthando nobubele bukaThixo, uMsindisi wethu

[5] não por causa de alguma atitude justa que pudéssemos ter praticado, mas devido à sua bondade, Ele nos salvou por meio do lavar regenerador e renovador do Espírito Santo,

[5]wasisindisa. Kwakungengakuba senze misebenzi mihle, kodwa kwakungenxa yenceba yakhe. Wasihlamba ngoMoya oyiNgcwele, wasizala ngokutsha, saza safumana ubomi obutsha.

[6] que Ele derramou copiosamente sobre nós com toda a sua generosidade, por intermédio de Jesus Cristo, nosso Salvador.

[6]Kaloku uThixo usigalele uMoya wakhe ngobubele ngaye uYesu Krestu uMsindisi wethu.

[7] Ele assim procedeu para que, justificados mediante sua graça, nos transformássemos em seus herdeiros, tendo a esperança da vida eterna.

[7]Ngesisa sakhe senziwe amalungisa, ukuze sixhamle obo bomi bungapheliyo sibulindeleyo.

[8] Esta, pois, é uma palavra totalmente digna de crédito, e quero que a proclameis categoricamente, a fim de que aqueles que crêem em Deus se empenhem na prática de boas obras. Tais ações são excelentes e de grande proveito para a humanidade.

[8]Athembekile loo mazwi. Iingongoma endifuna uzibethelele ke, zezi: Abo bantu bathe bafikelela ekukholweni kuThixo, kufuneka benze imisebenzi emihle – ndithetha imisebenzi eluncedo nakwabanye abantu.

[9] Evita, no entanto, todo tipo de questões tolas, genealogias, discórdias e discussões inúteis a respeito da Lei, porquanto essas contendas são vazias e sem valor.

[9]Kodwa zona iingxoxo zobuhiba uze uziphephe, neenkcukacha zeminombo, iimbambano, neengxabano ngomthetho kaMosis; zizinto ezingenamsebenzi ezo.

[10] Quanto àquele que provoca divisões, adverte-o uma primeira e, ainda, uma segunda vez. Depois disso, rejeita-o.

[10]Umntu odala uqhekeko mlumkise kude kube kabini, ungadlelani naye emva koko.

[11] Tu sabes que tal pessoa está pervertida, vive na prática do pecado, e por si mesma está condenada.

[11]Umntu onjalo unengqondo engcolileyo, selezigwebe kwangezenzo zakhe.

Recomendações particulares. Saudações

[12] Quando eu te enviar Ártemas ou Tíquico, vem depressa ao meu encontro em Nicópolis, pois decidi passar ali o inverno.

[13] Empenha-te diligentemente e providencia tudo o que for necessário para que nada falte na viagem de Zenas, especialista em leis, e de Apolo.

[14] Os nossos, de igual forma, aprendam a dedicar-se às boas obras, a fim de que possam suprir todas as necessidades cotidianas e não sejam improdutivos.

[15] Todos os que estão comigo te saúdam. Tu, pois, saúda também a todos quantos nos amam na fé. A graça seja com todos vós!

[12]Bakufika apho ooArtemas noTikiko, uze wena ukhawuleze undihlangabeze eNikopoli. Ndifuna ukuchitha ubusika khona.

[13]Yenza unako-nako ukulungiselela igqwetha uZenas kunye noApolo kwihambo yabo. Mabangabi nanto bayiswelayo.

[14]Abantu bethu bona mabafunde ukuzisebenzela iintswelo zabo, bangavilaphi nje bengenamveliso.

[15]Bayabulisa bonke abalapha kunye nam. Ndibulisele kubahlobo bethu abakholwayo. INkosi mayinenzele isisa.

Filemon	KuFilemon

Filemon 1

Prefácio, saudação e ação de graças

[1] Paulo, prisioneiro de Cristo Jesus, e o irmão Timóteo, a ti, Filemom, nosso amado cooperador,

[2] à irmã Áfia, a Arquipo, nosso companheiro de batalhas, e à Igreja que se reúne em tua casa:

[3] Graça e paz a todos vós da parte de Deus, nosso Pai e do Senhor Jesus Cristo.

[4] Constantemente dou graças a meu Deus, recordando-me de ti em minhas orações,

[5] porquanto ouço testemunhos a respeito da fé que tens no Senhor Jesus e do teu amor por todos os santos.

[6] Oro para que o compartilhar da tua fé seja eficaz, pelo pleno conhecimento de que todo o bem de que dispomos está em Cristo.

[7] Pois tive grande alegria e consolação por causa do teu amor, pois por intermédio de ti, irmão, o coração dos santos tem sido reanimado.

Paulo intercede pelo escravo convertido, Onésimo, que tinha fugido de seu senhor

[8] Por isso, mesmo considerando que tenho em Cristo toda a liberdade para ordenar-te que cumpra o teu dever,

[9] prefiro apelar-te confiado no amor fraternal que há em ti. Eu, Paulo, já velho, e agora também prisioneiro de Cristo Jesus,

KuFilemon 1

Isingeniso

[1]Kubhala mna Pawulos, umbanjwa ngenxa kaYesu Krestu, ndikunye noTimoti umlingane wam. Ndibhalela wena mhlobo nogxa wam, Filmon,

[2]kunye nebandla elihlangana endlwini yakho, nodade uApiya, ngokunjalo nogxa wam uArkipo.

[3]Wanga uThixo uBawo wethu kunye neNkosi uYesu Krestu anganibabala, aniphe uxolo.

Uthando nokholo lukaFilmon

[4]Maxa onke ndithandaza, ndiyambulela uThixo ngenxa yakho.

[5]Ndiyivile kaloku indlela obathanda ngayo abantu bakaThixo, ngokunjalo nokholo onalo kwiNkosi uYesu.

[6]Umthandazo wam kukuba ubudlelane bethu enkolweni bunga bungakwenza uziqonde ngcono iintsikelelo esinazo thina bamanywe noKrestu.

[7]Ewe kambe, ndithathekile ndaye ndinemihlali ngenxa yothando onalo, mfondini; kaloku abantu bakaThixo bayahlaziyeka bakuhlangana nawe.

Isicelo mayela no-Onesimo

[8]Ngoku ke, nakuba bendingaba nesibindi, nanjengamntu umanywe noKrestu, sokuba ndikunyanzele ngento ofanelwe kukuyenza,

[9]kodwa imfobe yothando iyandinyanzela ukuba ndikubongoze. Ewe, mna kanye Pawulos, ndilixhego nje ngoku, futhi ndikwangumbanjwa ngenxa kaYesu Krestu,

[10] venho interceder a favor do meu filho Onésimo, que gerei enquanto estava na prisão.

[11] Ele, no passado, te foi inútil; entretanto, agora, é útil tanto a ti quanto a mim.

[12] Eu o envio de volta a ti, como se estivesse enviando o meu próprio coração.

[13] Bem que eu gostaria de mantê-lo comigo, para que em teu lugar me servisse nas algemas que carrego por causa do Evangelho.

[14] Todavia, não quis fazer nada sem o teu consentimento, para que qualquer favor que venhas a fazer seja fruto da tua espontaneidade e não por constrangimento.

[15] É possível que ele tenha sido separado da tua companhia por algum tempo, a fim de que pudesses reavê-lo agora e para sempre,

[16] não mais na condição de escravo; aliás, muito melhor do que escravo, como irmão amado, particularmente por mim, e ainda mais por ti, tanto como amigo pessoal, quanto como cristão!

[17] Assim sendo, se me consideras um irmão no Senhor, recebe-o como se recebesses a mim mesmo.

[18] Contudo, se ele te causou algum prejuízo ou te deve qualquer coisa, lança todo o custo na minha conta.

[19] Eu, Paulo, escrevo estas palavras de próprio punho: eu o pagarei para não mencionar que tu me deves tua própria vida.

[10]ndiyakubongoza ngenxa kaOnesimo, unyana wam endimzele ngokomoya, ngoku ndilapha entolongweni.

[11]Kambe ebekade engento konke kuwe, kodwa ngoku uxabisekile kuwe nakum.

[12]Ngoku ke nanko ndimthumela kwakuwe. Kambe ke xa wamkela yena, wamkela mna.

[13]Bendingathandayo ukumgcina apha ngoku ndingumbanjwa, ukuze athathe indawo yakho ekundincediseni ukuvakalisa iindaba ezimnandi.

[14]Kodwa andithandi ukuba ndenze nto ungavumanga; hayi, bendiya kuba ndiyakunyanzela ukuba wenze into entle, kungekuba kukholekile kuwe.

[15]Mhlawumbi uOnesimo wahlukaniswa nawe okwethutyana, ukuze ubuye umzuze ningasazi kwahlukana.

[16]Kaloku ngoku akaselokhoboka nje kuphela, ungaphezu kwekhoboka: ungumwethu othandekayo. Yaz'ba xa exabiseke kangaka nje kum, ubeke phi ke ukuxabiseka kuwe! Akaselokhoboka nje kuphela, ukwangumwethu omanywe neNkosi!

[17]Ngoku ke, nanjengamntu undithatha njengesihlobo, naye ke mamkele kwangalaa ndlela ubuya kundamkela ngayo nam.

[18]Ukuba ke kukho nto awakona ngayo okanye kukho nto akutyala yona, libalele kum elo tyala.

[19]Ukukuqinisekisa ndibhala ngokwam, ndithi: Ndim mna Pawulos oya kukubuyisela. Phofu ke akukho mfuneko yakuba ndikukhumbuze ukuba nawe lowo ungowam, ndinebango kuwe.

[20] Sim, amado irmão, eu gostaria de receber de ti algum favor por estarmos no Senhor. Reanima o meu coração em Cristo!

[21] Escrevo-te na certeza de que me atenderás, confiante de que farás ainda mais do que te peço.

Comunicações particulares. Saudações

[22] Além disso, prepara-me hospedagem, pois espero que por meio das vossas orações serei levado de volta a vós.

[23] Epafras, meu companheiro de prisão em Cristo Jesus, envia-te saudações,

[24] assim como Marcos, Aristarco, Demas e Lucas, meus colaboradores.

[25] A graça do Senhor Jesus Cristo seja com o espírito de todos vós!

[20]Ke, mfondini, ndiyakubongoza – kaloku sobabini simanywe noKrestu. Ngoko ke, velana nam kulo mbandela!

[21]Ndibhala ndiqinisekile ukuba uza kuhlangabezana nayo iminqweno yam; ewe, ndiyazi ukuba usenokwenza nangaphezu kwesicelo sam.

[22]Nantsi enye indawo: Nceda undilungiselele indawo yokuhlala apho, kuba ndinethemba lokuba uThixo uza kuyiphendula imithandazo yenu, ndibuyele apho kuni.

[23]Uyabulisa uEpafra ongumbanjwa ngenxa kaKrestu njengam;

[24]ngokunjalo noMarko, uAristarko, uDemas, noLuka,abal ingane bam.

[25]Ubabalo lweNkosi uYesu Krestu maluhlale nani nonke.

Hebreus	KumaHebhere

Hebreus 1

Cristo, como o Filho de Deus, é superior aos anjos

[1] Havendo Deus, desde a antiguidade, falado, em várias ocasiões e de muitas formas, aos nossos pais, por intermédio dos profetas,

[2] nestes últimos tempos, nos falou mediante seu Filho, a quem constituiu herdeiro de tudo o que existe e por meio de quem criou o Universo.

[3] Ele, que é o resplendor da glória e a expressão exata do seu Ser, sustentando tudo o que há pela Palavra do seu poder. Depois de haver realizado a purificação dos pecados, Ele se assentou à direita da Majestade nas alturas,

[4] tornando-se tão superior aos anjos quanto o Nome que herdou é ainda mais excelente do que eles.

[5] Porquanto, a qual dos anjos Deus alguma vez afirmou: “Tu és meu Filho; Eu hoje te gerei”? E outra vez: “Eu lhe serei Pai, e Ele me será Filho”?

[6] E uma vez mais, quando Deus introduz o Primogênito no mundo, declara: “Todos os anjos de Deus o adorem”.

[7] Quanto aos anjos, Ele afirma: “Ele faz dos seus anjos ventos, e dos seus servos, labaredas de fogo”.

KumaHebhere 1

Isingeniso

[1]Amaxesha ngamaxesha mandulo uThixo wathetha nookhokho bethu ngeendlela ezahlukeneyo ngomlomo wabashumayeli.

[2]Kodwa ke kula maxesha okugqibela uthethe nathi ngoNyana wakhe. UThixo wammisela ukuba abe yindlalifa yezinto zonke, kwaye futhi ihlabathi liphela walidala ngaye.

[3]Ewe, uNyana lo uphuhlisa ubungangalala bukaThixo, ibe ke yena noThixo bangumceph' ucandiwe. Ihlabathi lixhaswe nguye ngamandla elizwi lakhe. Uthe ke akuba elwenzile uxolelo lwezono wahlala ewongeni kwaThixo kweliphezulu.

[4]Kaloku uNyana yena mkhulu kunezithunywa zezulu, kwaye ke uzuze negama elibalaseleyo kunelazo.

UNyana mkhulu kunezithunywa

[5]UThixo akukho sithunywa wakha wathi kuso: “UnguNyana wam wena, ndikuzele namhlanje;” engazange atsho nokuthi: “Ndiya kuba nguYise, yena abe nguNyana wam.”

[6]Kwakhona ekuyiziseni kwakhe ehlabathini inkulu yakhe uThixo wathi: “Mazinqule yena zonke izithunywa zikaThixo.”

[7]Ngokubhekiselele kwizithunywa zikaThixo kuthiwa: “Ulowenza imimoya izithunywa zakhe, nemibane elenyayo ibe zizicaka zakhe. ”

[8] Entretanto, a respeito do Filho, revela: “O teu trono, ó Deus, subsiste por toda a eternidade; e o cetro do teu Reino é bastão da justiça.

[9] Amas o direito e odeias a iniquidade; por esse motivo, Deus, o teu Deus, te escolheu e ungiu com óleo de alegria, como a nenhum dos teus companheiros”.

[10] E acrescenta: “Tu, Senhor, no princípio estabeleceste os fundamentos da terra, e os céus são obras das tuas mãos.

[11] Eles perecerão, mas tu permanecerás; envelhecerão como vestimentas,

[12] e como um manto tu os enrolarás, e como roupas serão trocados; mas, Tu és imutável, e os teus dias não terão fim”.

[13] Ora, a qual dos anjos Deus alguma vez declarou: “Senta-te à minha direita, até que Eu faça dos teus inimigos um estrado para os teus pés”?

[14] Não são todos os anjos, espíritos ministradores, enviados para servir em benefício dos que herdarão a salvação?

Hebreus 2

Cristo, como Filho do Homem, é superior aos anjos e sumo sacerdote idôneo e compassivo

[1] Por isso, é fundamental prestarmos atenção, mais ainda, às verdades que temos ouvido, para que jamais nos desviemos delas.

[2] Pois, se a mensagem proferida por anjos provou sua firmeza, e toda transgressão e desobediência recebeu a devida punição,

[3] como nos livraremos se desconsiderarmos tão grande salvação? Esta salvação, tendo

[8]Kodwa uthi mayela noNyana: “Kambe, ulawulo lwakho, Thixo, àluphele ndawo! Kwaye futhi wena ulawula ngobulungisa.

[9]Ungumathand' ubulungisa, uyithiyile inkohlakalo. Ngenxa yaloo nto ke, Thixo, uThixo wakho ukuthambisile. Ewe, ukuthe jize ngesihomo nesithozela esingaphezulu kwesoogxa bakho.”

[10]Uphinda athi: “Nguwe, Nkosi, owalidalayo ihlabathi ekuqalekeni; amazulu ênziwa zizandla zakho.

[11]Xa zizonke ziya kudlula, kodwa wena uhlala uhleli; ziya kuguga njengeempahla.

[12]Uya kuzisonga njengeengubo, zona ziya kutshintshwa njengesambatho; ube wena ungaguquki, ube wena ungagugi.”

[13]UThixo zange atsho nakusinye isithunywa ukuthi: “Hlala ngakum kweli wonga lo gama ndikoyisela iintshaba zakho.”

[14]Kakade ke ngoobani izithunywa? Zingoomoya abathunywa nguThixo, benceda abo baziindlalifa zosindiso.

KumaHebhere 2

Inkuthazo

[1]Kuyafuneka ke ngoko ukuba silumke, sibambelele nkqi emfundisweni esiyivileyo, hleze siluthuzeliswe.

[2]Kaloku ukuba udaba olweza nezithunywa zezulu lwalulukhulu kangangokuba ukulutyeshela nokuludela bekuzisa isohlwayo esifaneleyo,

[3]singaphuncuka njani ke thina xa siludela olungaka lona usindiso? YiNkosi ngokwayo

sido proclamada pelo Senhor, foi depois confirmada a nós pelos que a ouviram.

4 E, juntamente com eles, por intermédio de sinais, Deus testemunhou feitos portentosos, diversos milagres e dons do Espírito Santo, distribuídos conforme sua vontade.

5 Porquanto, não foi aos anjos que Deus sujeitou o mundo vindouro, a respeito do qual estamos falando.

6 No entanto, alguém em certa passagem testemunhou, afirmando: “Que é o homem, para que com ele te importes? E o filho de Adão, para que venhas visitá-lo?

7 Tu o fizeste um pouco menor do que os anjos e o coroaste de glória e de honra;

8 tudo sujeitaste debaixo dos seus pés”. E ao sujeitar-lhe todo o Universo, nada deixou que não lhe fosse sujeito; contudo, hoje ainda não vemos que todas as coisas estejam submissas a ele;

9 observamos, no entanto, aquele que por um momento foi feito menor do que os anjos, Jesus, coroado de honra e de glória por ter sofrido a morte, para que, pela graça de Deus, em benefício de todos, experimentasse a morte.

10 Ao conduzir muitos filhos à glorificação, convinha que Deus, por causa de quem e por intermédio de quem tudo veio a existir, tornasse perfeito, por meio do sofrimento, o Autor da Salvação deles.

eluvakalisileyo olu sindiso kuqala, baza ke abo bayivileyo babungqina ubunyani balo kuthi.

4UThixo ke yena wongezelela ubungqina babo ngemiqondiso, imimangaliso, nangezenzo ezibonakalisa amandla akhe, ebanika neziphiwo zikaMoya oyiNgcwele ngohlobo athande ngalo.

Umbingeleli onovelwano nothembekileyo

5UThixo kaloku akalinikanga izithunywa zakhe igunya lokulawula ilizwe elizayo – ngumxholo esithetha ngawo ke lowo.

6Kukho indawo ekubhalwe kuyo eziBhalweni kwathiwa: “Uyintoni na umntu, Thixo, le nto ude uzidube kangaka ngaye? Kutheni le nto ude uzikhathaze ngento nje engumntu?

7Umbeke ngaphantsi kuhle nje kwizithunywa zakho. Umthe jize ngesihomo nesithozela.

8Umnike igunya lokulawula zonke izinto.” Ukuba ke uThixo umnike igunya lokulawula zonke izinto, akukho nanye into engekho ngaphantsi kolawulo lwakhe. Kambe ke ngenene, asikaziboni zonke izinto ziphantsi kwegunya lomntu okwangoku.

9Nanku ke kodwa uYesu. Yena wabekwa ngaphantsi kuhle nje kwizithunywa zikaThixo. Ngoku uthiwe jize ngesihomo nesithozela, kuba ngenxa yesisa sikaThixo wavuma ukufa ngenxa yoluntu lonke.

10Njengoko ke uThixo, ezikholo yena, zikho ngaye zonke izinto, ethande ukubanika iwonga abantwana bakhe abaninzi, bekufanelekile ukuba amsulungekisele

ubunkokheli ngokuva ubunzima uYesu, lowo wayeza kubakhokelela elusindisweni.

[11] Assim, tanto o que santifica quanto os que são santificados advêm de Um só. E, por essa razão, Jesus não se envergonha de chamá-los irmãos.

[11]Kaloku lowo ukhaphela kuThixo kwanabo bakhatshelwayo ngabamlibo mnye. Yiyo ke le nto uYesu angenazintloni ukuthi abantu ngabantakwabo

[12] Ele declara: “Vou anunciar teu nome aos meus irmãos; cantar-te-ei louvores no meio da congregação”.

[12]apho athi: “Ndolivakalisa, Thixo, igama lakho kubantakwethu; ndikudumise esidlangalaleni sabantu bakaThixo.”

[13] E mais: “Porei nele a minha confiança”. E outra vez Ele afirma: “Aqui estou Eu com os filhos que Deus me concedeu”.

[13]Uphinda athi: “Ndilibeka kuThixo ithemba lam;” aze aphinde athi: “Ndim lo, ndikunye nabantwana andinike bona uThixo.”

[14] Portanto, visto que os filhos compartilham de carne e sangue, Ele também participou dessa mesma condição humana, para que pela morte destruísse aquele que tem o poder da morte, a saber, o Diabo;

[14]Abantwana ke abo ngabantu. Naye ke uYesu waba ngumntu njengabo, khon' ukuze ngokufa kwakhe atshitshise igunya likaSathana lokuvuyelela abantu ngokufa.

[15] e livrasse todos os que ao longo de toda a vida estiveram escravizados pelo medo da morte.

[15]Ngale ndlela ke wabakhulula abantu nakwiimbophelelo zokoyika ukufa ababephantsi kwazo bonke ubomi babo.

[16] Pois é evidente que Ele não auxilia os anjos, mas sim a descendência de Abraão.

[16]Ke aba abancedayo asizozithunywa zezulu, ngabantu abayinzala ka-Abraham.

[17] Por esse motivo, era vital que Ele se tornasse semelhante a seus irmãos em todos os aspectos, a fim de que pudesse constituir-se sumo sacerdote misericordioso e leal em relação a Deus, e pudesse realizar propiciação pelos pecados do povo.

[17]Ngoko ke ubemele ukuba afane nqwa nabantakwabo, khon' ukuze abe ngumbingeleli onovelwano nothembekileyo emsebenzini kaThixo, onako ukungxengxezela izono zabantu.

[18] Considerando, portanto, tudo o que Ele mesmo sofreu quando tentado, Ele é capaz de socorrer todos aqueles que semelhantemente estão sendo atacados pela tentação.

[18]Kaloku yena nanjengamntu oselephumelele ebunzimeni bokulingwa, unako ukubanceda abo basalingwayo.

Hebreus 3

KumaHebhere 3

Cristo é superior a Moisés. O perigo da incredulidade e da desobediência

1 Sendo assim, santos irmãos, participantes da convocação celestial, considerai com toda a atenção o Apóstolo e Sumo Sacerdote que declaramos publicamente: Jesus.

2 Ele foi fiel àquele que o constituiu, assim como também foi Moisés em toda a casa de Deus.

3 Jesus foi considerado digno de maior glória do que Moisés, pelo mesmo princípio que o construtor de uma casa possui mais honra do que a própria casa.

4 Porquanto, toda casa é construída por alguém; no entanto, Deus é o supremo construtor de tudo.

5 Moisés foi leal como servo em toda a casa de Deus, dando testemunho do que haveria de ser revelado no futuro;

6 Cristo, no entanto, é fiel como Filho sobre a casa de Deus; e essa casa, precisamente, somos nós, isto é, se retivermos, com fé perseverante, a coragem e a esperança da qual nos gloriamos.

7 Assim como proclama o Espírito Santo: “Hoje, se ouvirdes a sua voz,

8 não endureçais o vosso coração, como ocorreu na rebelião, durante o tempo da provação no deserto,

9 onde vossos pais me tentaram, pondo-me à prova, ainda que, durante quarenta anos, tenham contemplado as minhas obras.

UYesu mkhulu kunoMosis

1Ngoko ke, mawethu abiziweyo ayimilowo yendlu kaThixo, khanimjongisise uYesu lo simvumayo thina makholwa ukuba ungumthunywa kaThixo kwanombingeleli wethu omkhulu.

2Yena wathembeka kuThixo owammiselayo, kwanjengokuba noMosis wayethembekile endlwini kaThixo.

3Kakade umakhi wendlu uzuza udumo kunendlu leyo ayakhileyo. Ngokunjalo ke noYesu uzuze udumo olungaphezulu kolukaMosis.

4Indlu nganye inomakhi wayo, kodwa ke nguThixo umseki wazo zonke izinto.

5Ke yena uMosis wayethembekile endlwini kaThixo iphela, esisicaka esasimela ukwalatha izinto ezaziza kutyhilwa nguThixo.

6Kodwa ke yena uKrestu uthembeke njengonyana endlwini yakhe. Indlu leyo ke síthí, ngakumbi ukuba sibambelele singenadyudyu kwithemba lethu esinebhongo ngalo.

Ukuphumla kwabantu bakaThixo

7Kungoko ke noMoya oyiNgcwele atshoyo ukuthi: “Nakuliva ilizwi lakhe namhlanje,

8sanukuba neenkani njengakwimihla yesidube-dube entlango apho namlingayo uThixo.

9‘Apho bandivavanyayo bandilinga ooyihlo,’ utsho uThixo, ‘nakuba yaba ngamashumi amane eminyaka beyibona imisebenzi yam.

[10] Por esse motivo, me indignei contra essa geração e declarei: O coração destes está sempre se desviando, e não reconheceram os meus caminhos.

[11] Sendo assim, jurei na minha ira: Estes jamais entrarão no meu descanso”.

[12] Irmãos, tende muito cuidado, para que nenhum de vós mantenha um coração perverso e incrédulo, que se afaste do Deus vivo.

[13] Pelo contrário, exortai-vos mutuamente todos os dias, durante o tempo que se chama “hoje”, de maneira que nenhum de vós seja embrutecido pelo engano do pecado.

[14] Porque passamos a ser participantes de Cristo, desde que, na realidade, nos apeguemos até o fim à fé que nele depositamos desde o início.

[15] Por essa razão é que se afirma: “Hoje, se ouvirdes a sua voz, não endureçais o vosso coração, como ocorreu na rebelião”.

[16] Ora, quem foram os que ouviram e se rebelaram? Não foram todos os que saíram do Egito guiados por Moisés?

[17] E contra quem Deus se manteve irado por quarenta anos? Não foi contra aqueles que pecaram, cujos corpos tombaram mortos no deserto?

[18] E a quem jurou que jamais haveriam de ingressar no seu repouso? Ora, não foram aqueles que se mantiveram desobedientes?

[19] Concluímos, desse modo, que não lhes foi possível ter acesso à terra prometida por causa da incredulidade.

Hebreus 4

[10]Nantso into eyandicaphukisayo kweso sizukulwana, ndaza ndathi: Basoloko besona; abaziqondi iindlela zam.

[11]Futhi ndada ndafunga ndinomsindo, ndathi: Abasoze bangene ekuphumleni kwam.’ ”

[12]Niyabona ke, mawethu, lumkani kungabikho bani kuni ukhohlakeleyo, ungakholwayo, ongumkreqi kuThixo ophilayo.

[13]Kambe ke, ngoku kusathiwa “namhlanje,” khuthazanani yonke imihla, ukuze kungabikho mntu uqaqadekiswa ngumtsalane wesono.

[14]Kaloku nathi sinobudlelane noKrestu, xa sinamathele kwada kwasekupheleni kwisivumo sethu.

[15] IziBhalo xa zisithi: “Nakuliva ilizwi lakhe namhlanje, sanukuba neenkani njengakwimihla yesidube-dube,”

[16]zibhekisa kubani? Ngoobani abo bevayo kodwa bagwilika? Kaloku ngabo babephuma eJiputa bekhokelwa nguMosis.

[17]Ingoobani abo bamcaphukisayo iminyaka engamashumi amane uThixo? Ngokuqinisekileyo ngabo bonayo, abazidumbu zathi waca entlango.

[18]Ngoobani abo wabafungelayo uThixo esithi abasoze bangene ekuphumleni kwakhe? Wayexela abo bamvukeláyo.

[19]Siyabona ke ukuba ababanga nako ukungena kuba bengakholwa.

KumaHebhere 4

[1] Portanto, ainda que nos tenha sido outorgada a promessa de ingressar no descanso de Deus, tememos que algum de vós pareça ter falhado.
[2] Pois as boas novas foram pregadas também a nós, tanto quanto a eles; entretanto, a mensagem que eles ouviram de nada lhes valeu, pois não foi acompanhada de fé por aqueles que a ouviram.

[3] Porquanto, somos nós, os que temos crido, que entramos no descanso, conforme Deus declarou: "Assim jurei na minha ira: Jamais entrarão no meu descanso", muito embora suas obras estivessem concluídas desde a fundação do mundo.

[4] Pois em certa passagem, Ele se referiu ao sétimo dia, nestes termos: "No sétimo dia, Deus descansou de toda a obra que realizara".
[5] E novamente, no texto citado há pouco, confirma: "Jamais entrarão no meu descanso".
[6] Portanto, considerando que ainda faltam alguns para entrar, e aqueles a quem antes foram pregadas as boas novas não ingressaram por causa da desobediência,
[7] determina Deus, uma nova oportunidade, e a chama de "hoje", ao declarar muito tempo depois, por intermédio de Davi e conforme o que já fora proclamado antes: "Hoje, se ouvirdes a sua voz, não endureçais o vosso coração".
[8] Porque, se Josué lhes tivesse oferecido descanso, Deus não teria feito declaração posterior a respeito de outro dia.

[1]Ngoko ke lumkani, hleze abanye benu baphoswe, kuba sisemi kaloku isithembiso sokungena ekuphumleni noThixo.

[2]Kaloku nathi iindaba ezimnandi sizivile, kanye njengabo. Kodwa bona olu daba alubenzelanga nto, kuba abo baluvileyo abalwamkelanga ngokholo.

[3]Kambe ke thina sikholwayo, singabo bangenayo koko kuphumla kuxelwayo xa kusithiwa: "Ndithe ke ngomsindo ndafunga ndathi: 'Abasoze bangene ekuphumleni kwam.' " Ke wona umsebenzi wakhe uThixo wayesele wawugqiba kwasekusekweni kwehlabathi.

[4]Zixela loo nto ke iziBhalo xa zithetha ngomhla wesixhenxe zisithi: "UThixo waphumla ngomhla wesixhenxe akugqiba ukudala."

[5]Ndiyaphinda ndithi umxholo esithetha ngawo uthi: "Abasoze bangene ekuphumleni."

[6]Kucacile ke kodwa ukuba bakho bona abaya kungena. Abo babezive kuqala iindaba ezimnandi baphoswa bona kukungena ngenxa yokungakholwa kwabo.

[7]UThixo ke umise omnye u-"namhlanje." Kaloku emva kweminyaka emininzi selesebenzisa uDavide; uthi: "Namhlanje nakuliva ilizwi lakhe, nize ningabi neenkani."

[8]Ke ukuba uYoshuwa wabafikisa ekuphumleni, ubengathini uThixo emva koko ukuthetha ngomnye umhla?

[9] Sendo assim, ainda resta um descanso sabático para o povo de Deus;
[10] pois toda pessoa que entra no repouso de Deus, também descansa de suas obras, como Deus descansou das suas.

[11] Diante disso, esforcemo-nos por entrar naquele descanso, para que ninguém caia no mesmo exemplo de desobediência.

[12] Porquanto a Palavra de Deus é viva e eficaz, mais cortante que qualquer espada de dois gumes; capaz de penetrar até ao ponto de dividir alma e espírito, juntas e medulas, e é sensível para perceber os pensamentos e intenções do coração.

[13] E não há criatura alguma incógnita aos olhos de Deus. Absolutamente tudo está descoberto e às claras diante daquele a quem deveremos prestar contas.

Cristo é superior aos sumos sacerdotes do antigo pacto

[14] Concluindo, tendo em vista que temos um grande sumo sacerdote que foi capaz de adentrar os céus, Jesus, o Filho de Deus, mantenhamos com firmeza nossa declaração pública de fé.
[15] Pois não temos um sumo sacerdote que não seja capaz de compadecer-se das nossas fraquezas, mas temos o Sacerdote Supremo que, à nossa semelhança, foi tentado de todas as formas, porém sem pecado algum.
[16] Portanto, acheguemo-nos com toda a confiança ao trono da graça, para que recebamos misericórdia e encontremos o

[9]Usabalindele ke ngoko abantu bakaThixo omnye umhla wokuphumla.
[10]Nabani na kaloku ongenayo ekuphumleni noThixo, uyaphumla kwimicimbi yakhe, njengoko noThixo waphumlayo kweyakhe.
[11]Ngoko ke masizimisele ukuya kuphumla noThixo. Makungabikho bani ungathobeliyo, hleze naye aphulukane nokuphumla njengoko baphoswayo kuko ngenxa yokungeva kwabo.
[12]Ilizwi likaThixo liyaphila, liyasebenza. Libukhali ngaphezu kwekrele elibazwe macala. Lihlabanisela liye kuthi xhokro embindini, phakathi komzimba nomphefumlo, nasekudibaneni kwamathambo nomongo. Liyazihluza lizicalu-calula iingcamango neminqweno yabantu.

[13]Akukho nto ifihlakeleyo kuye: yonke into imi ze phambi koThixo. Silindelwe kukwenza ingxelo kuye xa sisonke.

UYesu umbingeleli omkhulu

[14]Ngoko ke, sinombingeleli omkhulu nje, uDabulamazulu, uYesu uNyana kaThixo, masibambelele nkqi kwesi sivumo sethu.

[15]Kaloku owethu umbingeleli omkhulu ngosivelayo ebuthathakeni bethu, kuba walingwa ngeendlela zonke njengathi, kodwa zange one.
[16]Masisondele ke ngoko singenadyudyu apho ahleli khona esihlalweni sokulawula uThixo wethu onenceba; apho sakwenzelwa

poder que nos socorre no momento da necessidade.

Hebreus 5

[1] Porquanto, todo sumo sacerdote, sendo escolhido dentre os homens, é designado para representá-los em questões relacionadas com Deus, a favor da humanidade, a fim de oferecer tanto dons quanto sacrifícios pelos pecados.

[2] Ele é capaz de compadecer-se dos que não têm conhecimento e se desviam, considerando que ele mesmo está rodeado de fraquezas.

[3] E, por esse motivo, deve oferecer sacrifícios pelos pecados, tanto do povo como em seu próprio favor.

[4] Ninguém, portanto, toma essa honra para si mesmo, senão quando convocado por Deus, como aconteceu com Arão.

[5] Desse mesmo modo, Cristo não buscou para si próprio a glória de se tornar sumo sacerdote, mas foi Deus quem lhe declarou: "Tu és meu Filho; Eu hoje te gerei".

[6] E revela em outra passagem: "Tu és sacerdote para todo o sempre, conforme a ordem de Melquisedeque".

[7] Durante seus dias de vida na terra, Jesus ofereceu orações e súplicas, em clamor e com lágrimas, àquele que o podia salvar da morte, tendo sido ouvido por causa da sua reverente submissão.

[8] Mesmo considerando o fato de ele ser o Filho de Deus, aprendeu a obediência por intermédio das aflições que padeceu;

khona ububele nesisa, sincedakale ngoku kuselithuba.

KumaHebhere 5

[1]Kaloku wonke umbingeleli omkhulu ukhethwa ebantwini, amiselwe ukuzakuza phakathi kwabantu noThixo. Unikela izipho namadini okungxengxezela izono.

[2]Uyakwazi ukubanyamezela abo bazizityhifili nabo baphazamayo, kuba kaloku naye ngokwakhe unobuthathaka.

[3]Ngenxa yaloo nto ke umelwe kukunikela amadini okungxengxezela izono zakhe kwakunye nezabantu.

[4]Akukho mntu uzithathelayo eli wonga; elowo ubizwa nguThixo njengoAron.

[5]Kunjalo ke nakuKrestu: naye akazange azithathele iwonga lokuba ngumbingeleli omkhulu. Walinikwa nguThixo, lo wathi kuye: "Wena unguNyana wam; namhlanje ndikuzele."

[6]Kwenye indawo uthi: "Wena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki, oya kuhlala ehleli."

[7]Esadla ubomi apha emhlabeni, wayedla ngokwenza imithandazo nezicelo, ekhala iinyembezi, ebhekisa kuThixo onamandla okumhlangula ekufeni. Wawuva uThixo umthandazo wakhe, ngenxa yokuzimisela kwakhe ukuthobela.

[8]Ngoku kanye anguNyana kaThixo, intlupheko yamnika amava okuthobela.

[9] e, uma vez aperfeiçoado, tornou-se a fonte de salvação eterna para todos quantos lhe obedecem,

[10] tendo sido nomeado por Deus sumo sacerdote, segundo a ordem de Melquisedeque.

[11] Quanto a isso, temos muito que ensinar, assunto difícil de explicar, especialmente porque vos tornastes indolentes para aprender.

[12] Apesar de que, a essa altura, já devêsseis ser mestres, ainda estais precisando de que alguém vos instrua mais uma vez quanto aos princípios elementares da Palavra de Deus. Voltastes a necessitar de leite, quando já devíeis estar recebendo alimento sólido!

[13] Ora, quem precisa alimentar-se de leite ainda é criança, e não tem experiência no ensino da justiça.

[14] No entanto, o alimento sólido é para os adultos, os quais, pelo exercício constante da fé, tornaram-se capazes de discernir tanto o bem quanto o mal.

Hebreus 6

[1] Sendo assim, considerando conhecidos os ensinos básicos a respeito de Cristo, prossigamos rumo à maturidade, sem lançar novamente o fundamento do arrependimento de atitudes inúteis e que conduzem à morte; da fé em Deus,

[2] da instrução acerca de batismos, da imposição de mãos, da ressurreição dos mortos e do juízo eterno.

[3] Sigamos, pois, avante! E, se Deus o permitir, faremos isso.

[9]Uthe ke akusulungeka wenziwa umthombo wosindiso olungapheliyo lwabo bamthobelayo,

[10]emiselwe nguThixo waba ngumbingeleli omkhulu wodidi lukaMelkizedeki.

Isilumkiso ngokreqo

[11]Zininzi iindawo ebesinokunichazela ngazo ngoMelkizedeki. Kodwa ke kusuke kwanzima nokunithela gqabagqaba oku, kuba kaloku nisuke naneentloko ezilukhuni.

[12]Benifanelwe kukuba nifundisa ngokwenu ngoku. Kodwa kusuke kwafuneka ibe nini abafundiswayo, niqaliswe emva kwizifundo zokuqala ezingeendaba zikaThixo. Kusuke kwafuneka nisezwe ubisi endaweni yokuba ninikwe ukutya okuqinileyo.

[13]Wonke umntu osezwa ubisi lusana; akakwazi okuhle nokubi.

[14]Ngabantu abadala abatya ukutya okuqinileyo; bona sebenamava, bayawazi umahluko phakathi kokuhle nokubi.

KumaHebhere 6

[1]Ngoko ke masizishiye iimfundiso zabaqalayo, siqhubele phambili kwezo zamakholwa akhulileyo. Masingabi saphindela emva, sibeka iziseko zokukholwa kuThixo, nenguquko kwimisebenzi ephuthileyo esasiyenza,

[2]sifundisa ngobhaptizo, nokubekwa kwezandla, ngokuvuka kwabafileyo, nomgwebo ongunaphakade.

[3]Emandleni eNkosi siya kuyenza ke loo nto.

[4] Ora, é impossível para aqueles que uma vez foram iluminados, experimentaram o dom celestial e se tornaram participantes do Espírito Santo,
[5] e provaram os benefícios da Palavra de Deus e os poderes da era que há de vir,
[6] mas apostataram da fé, sim, é impossível que tais pessoas sejam reconduzidas ao arrependimento; tendo em vista que contra si mesmos estão crucificando outra vez o Filho de Deus, e zombando publicamente dele.
[7] Porquanto a terra que absorve a chuva que cai de tempo em tempo, e dá colheita proveitosa àqueles que a cultivam, recebe a bênção de Deus.
[8] Todavia, a terra que produz espinhos e ervas daninhas é inútil, e logo será amaldiçoada. Seu fim é ser lançada ao fogo.
[9] Quanto a vós outros, no entanto, ó amados, estamos convencidos de que a vossa situação é muito melhor, sendo beneficiados com as bênçãos decorrentes da salvação.

[10] Porquanto Deus não é injusto para se esquecer do vosso trabalho e do amor que revelastes para com o seu Nome, pois servistes os santos, e ainda os servis.

[11] Desejamos, contudo, que cada um de vós demonstre o mesmo esforço dedicado até o fim, para que tenhais a plena certeza da esperança,
[12] de maneira que não vos torneis negligentes, mas imiteis aqueles que, por

[4-6]Abantu ababekhe balungcamla ukhanyiselo, basiva isipho sasezulwini, baba nenxaxheba kuMoya oyiNgcwele, bakuva nokulunga kwelizwi likaThixo namandla ephakade elizayo, baza ke bakreqa, kungangenkankulu ukuba babuye baguqulwe. Kaloku kwabona baphinde bamxhoma uNyana kaThixo, bamenza isigculelo nentlekisa.

[7]Intsimi ezifunxayo iimvula ezinayo, ize ivelise isivuno esimkholisayo umniniyo, iyathamsanqelwa nguThixo.

[8]Kanti ke esuka ivelise ukhula nameva ayinto yanto, iphuthile, ifanelwe ngumlilo.

[9]Zihlobo zam ezithandekayo, nakuba ndithetha ngolu hlobo nje, ndeyisekile kukuba nikwimeko efanelekileyo elusindisweni.

[10]Kaloku yena uThixo akalotshijolo: akazange awulibale umsebenzi eniwenzileyo ngenxa yakhe, nothando enilubonakalise ngokulungiselela abantu bakhe – msebenzi lowo nisawuqhubayo unangoku.

[11]Umnqweno wam kukuba nonke ngabanye ninga ningaqhubela phambili, nilubonakalisa olo langazelelo, lide lizaliseke ithemba lenu.

[12]Andinqweneli ukuba nibe ngamanqenerha, koko ndifuna ukuba

intermédio da fé e da longanimidade, recebem a herança prometida.

13 Quando Deus fez sua promessa a Abraão, jurou por si mesmo, tendo em vista não haver outro maior por quem jurar;

14 e declarou: “Esteja certo de que o abençoarei e farei numerosos os seus descendentes”.

15 Sendo assim, havendo Abraão esperado com paciência certeira, alcançou a promessa.

16 Ora, os homens juram por quem é maior que eles, e para eles o juramento confirma a palavra empenhada, pondo fim a toda discussão.

17 Do mesmo modo, Deus, querendo demonstrar de forma mais clara aos herdeiros da promessa a imutabilidade de seu propósito, interveio com juramento,

18 para que nós, que nos refugiamos no acesso à esperança proposta, sejamos grandemente encorajados por meio de duas afirmações imutáveis, nas quais é impossível que Deus minta.

19 Essa esperança é para nós como âncora da alma, firme e segura, a qual tem pleno acesso ao santuário interior, por trás do véu,

20 onde Jesus adentrou por nós, como precursor, tornando-se sumo sacerdote para sempre, segundo a ordem de Melquisedeque.

Hebreus 7

O sacerdócio de Melquisedeque era figura do sacerdócio eterno de Cristo

nilinganise abo bathe ngokholo nomonde balidla ilifa lezithembiso.

Isithembiso sikaThixo

13UThixo xa wayesenza isithembiso kuAbraham wazifunga kwayena; kaloku kwakungekho bani mkhulu kunaye wayengamfungayo.

14Wenjenje ukuthetha: “Ndiya kukunisela amathamsanqa, sande sibe yinyambalala isizukulwana sakho.”

15Ngenxa yomonde uAbraham wasizuza eso sithembiso.

16Abantu xa befunga, bafunga lowo mkhulu kunabo; futhi ke isifungo siyayinqanda impikiswano.

17NoThixo ke, xa wayefuna ukucacisela iindlalifa zesithembiso sakhe ukungaguquki kwenjongo yakhe, wasebenzisa isifungo.

18Nâzo ke izinto ezimbini ezingenakujikwa – isifungo nesithembiso – ibe ke noThixo akanakuxoka. Ngoko ke thina basindileyo siyakhuthazwa ukuba sibambelele nkqi kweli themba liphambi kwethu.

19Eli themba ke liyintsika yobomi bethu. Liyasikhusela, futhi lisisiqinisekiso. Lingena liye kutsho ngaphaya komkhusane,

20apho uYesu aye kungena khona njengovulindlela omele thina. Kaloku yena ungumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki oya kuhlala ehleli.

KumaHebhere 7

Omnye umbingeleli onjengoMelkizedeki

[1] Porquanto, esse Melquisedeque, rei de Salém, sacerdote do Deus Altíssimo, que saiu ao encontro de Abraão, quando este voltava, depois de haver derrotado os reis, e o abençoou;

[1]UMelkizedeki lo ke wayengukumkani waseSalem, engumbingeleli kaThixo uPhezukonke. UAbraham wathi evela edabini apho wayoyise ookumkani, wadibana noMelkizedeki owasuka wamsikelela.

[2] para o qual também Abraão entregou o dízimo de tudo; em primeiro lugar, seu nome quer dizer "Rei de Justiça"; em segundo lugar, "Rei de Salém", que significa, "Rei da Paz";

[2]Ke yena uAbraham wamnika isishumi sawo onke amaxhoba. Eli gama linguMelkizedeki lithetha "ukumkani wobulungisa". Kanti ke futhi ukwangukumkani waseSalem, oko kukuthi "ukumkani woxolo".

[3] sem pai, sem mãe, sem origem nem antepassados, sem princípio de dias nem fim de vida; no entanto, por ser à semelhança do Filho de Deus, Ele permanece sacerdote perpetuamente.

[3]UMelkizedeki lo ke akanayise nanina, namlibo wakuzalwa. Asaziwa isiqalo nesiphelo sobomi bakhe. Ufana noNyana kaThixo: uhlala engumbingeleli nanini-nanini.

[4] Considerai, portanto, como era grande esse homem a quem até mesmo o patriarca Abraão entregou todo o dízimo dos despojos!

[4]Kucacile ke ukuba mkhulu, kuba nokhokho wethu uAbraham wanikela isishumi samaxhoba kuye.

[5] Ora, os que dentre os filhos de Levi receberam o sacerdócio têm o mandamento de recolher, de acordo com a Lei, os dízimos do povo, isto é, dos seus irmãos, ainda que tenham todos estes descendido de Abraão;

[5]Isizukulwana sikaLevi esingababingeleli siyagunyaziswa ngumthetho ukuba sithathe isishumi ebantwini, oko kukuthi kumawabo, nangona nawo ekwayinzala ka-Abraham.

[6] contudo, este homem que não pertencia à genealogia de Levi, recebeu os dízimos de Abraão e abençoou aquele que tinha as promessas.

[6]UMelkizedeki akayiyo inzala kaLevi, kodwa nakuba kunjalo wathatha isishumi kuAbraham, waza wamsikelela; ngoko ke wasikelela umntu owanikwa izithembiso nguThixo.

[7] Evidentemente, não pode haver qualquer dúvida de que o inferior é abençoado pelo superior.

[7]Yinto engenakuphikwa ke ukuba osikelelayo mkhulu kunosikelelwayo.

[8] No primeiro caso, são homens mortais que recebem o dízimo; no outro caso, entretanto, é aquele de quem se testifica que vive.

[8]Ngokwesiko lababingeleli izishumi zithathwa ngabantu abafayo, kanti ke yena uMelkizedeki uthathe izishumi

engongqinelwa naziziBhalo ukuba ungophilayo.

[9] E, por assim dizer, pode-se entender que Levi, que recebe os dízimos, entregou-os por meio de Abraão,

[9]Ngoko ke singatsho ukuthi uLevi, nakuba zinikwa yena nje izishumi, kodwa wanikela izishumi ngoAbraham.

[10] pois, quando Melquisedeque se encontrou com Abraão, Levi ainda não havia sido gerado por seu pai.

[10]Kuba kaloku wayesesesinqeni sika-Abraham, ukudibana kwabo noMelkizedeki.

[11] Sendo assim, se houvesse uma maneira de alcançar a perfeição por intermédio do sacerdócio levítico, considerando que durante sua vigência a Lei foi entregue ao povo, por qual razão haveria ainda necessidade de se levantar outro sacerdote, conforme a ordem de Melquisedeque e não de Arão?

[11]AmaSirayeli ukunikwa kwawo umthetho wawusekelwe ngobubingeleli bakwaLevi. Ke, ukuba ababingeleli babaLevi babegqibelele, ngekungabangakho mfuneko yakuba kuvele mbingeleli wumbi, nokwenza ingumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki, ingelulo oluka-Aron.

[12] Pois, mudando o sacerdócio, obrigatoriamente, ocorre também mudança de lei.

[12]Ngoko ke ukuguqulwa kobubingeleli kuveze imfuneko yokuba uguqulwe nomthetho.

[13] Porque aquele sobre quem se fazem estas afirmações pertencia a outra tribo, da qual ninguém jamais havia servido diante do altar;

[13]Kaloku uYesu, lo kuthethwa ngaye apha, uphuma kwenye indlu, apho kungekho mntu wakha walungiselela eqongeni lamadini.

[14] porquanto, é bem sabido que o nosso Senhor descende de Judá, tribo da qual Moisés nada fala quanto a sacerdócio.

[14]Iyaqondakala into yokuba iNkosi yethu yeyendlu kaJuda, ibe ke uMosis akazange ayikhankanye le ndlu malunga nobubingeleli.

[15] E este fato torna-se ainda mais claro com o surgimento de outro sacerdote à semelhança de Melquisedeque,

[15]Ngoku lo mcimbi ucaca ngakumbi, kuba kuvele mbingeleli wumbi ungowodidi lukaMelkizedeki.

[16] não constituído segundo o decreto de um mandamento humano relativo à linhagem, mas de acordo com o poder de uma vida inextinguível.

[16]Ububingeleli akabuzuzanga ngokwemigaqo nomthetho wabantu, koko ubufumene ngamandla obomi obungayi kuze bunqanyulwe.

[17] Porque sobre Ele está escrito: “Tu és sacerdote para sempre, conforme a ordem de Melquisedeque”.

[17]Kaloku iziBhalo zithi: “Uya kuba ngumbingeleli wodidi lukaMelkizedeki ohlala ehleli.”

[18] Assim, o mandamento anterior é anulado por causa de sua fragilidade e inutilidade,

[19] pois a Lei jamais conseguiu aperfeiçoar nada, sendo, portanto, estabelecida uma esperança muito superior, por meio da qual temos pleno acesso a Deus.

[20] E não foi sem juramento que esse fato se deu! Outros se fizeram sacerdotes sem qualquer juramento,

[21] no entanto, Ele se tornou sacerdote com juramento, no momento em que Deus declarou: “O Senhor jurou e não se arrependerá: ‘Tu és sacerdote para sempre’”.

[22] Jesus transformou-se, por essa razão, na garantia de uma aliança superior.

[23] Por isso, aqueles sacerdotes têm surgido em maior número, pois são impedidos pela morte de continuar o ministério;

[24] contudo, considerando que vive para sempre, Jesus tem um sacerdócio perene.

[25] Concluindo, Ele é poderoso para salvar definitivamente aqueles que, por intermédio dele achegam-se a Deus, pois vive sempre para interceder por eles.

[26] Certamente estávamos necessitados de um sacerdote como este: santo, inculpável, puro, apartado dos pecadores, exaltado acima dos céus.

[27] Diferentemente dos outros sumos sacerdotes, Ele não precisa oferecer sacrifícios dia após dia; que oferecem primeiro por seus próprios pecados e, somente depois, pelos pecados do povo. Porque no momento em que ofereceu a si

[18]Lowa wokuqala umthetho udedisiwe ngenxa yokuba ungenamandla, usoyiswa.

[19]Umthetho kaMosis ubungakwazi kusulungekisa nto. Ngoku ke kuvezwe ithemba elingcono elisisondezayo kuThixo.

[20]Ngaphezu koko, ngoku kukho nesifungo sikaThixo; ukanti akuzange kubekho sifungo ukumiselwa kwabanye ababingeleli.

[21]Kodwa ke kulo mbingeleli unguYesu kwenziwa isifungo, njengoko zisithi iziBhalo: “Ifungile iNkosi, futhi ayiyi kujika: ‘Ungumbingeleli ngonaphakade.’ ”

[22]Ngoko ke uYesu usisiqinisekiso somnqophiso ongcono.

[23]Ababingeleli bokuqala bona babemiselwa balandelelane, kuba kaloku babesifa, bengenako ukuhlala behleli emsebenzini wabo.

[24]Kodwa bona obukaYesu ububingeleli abupheli, kuba yena uhlala ehleli ngonaphakade.

[25]Esi sisizathu esibangela ukuba abe nako ukubasindisa ngokupheleleyo abo beza ngaye kuThixo, njengoko ehlala ehleli ebathethelela.

[26]Ngoko ke uYesu ngoyena mbingeleli mkhulu ukwaziyo ukuhlangabezana nemeko yethu. Ungcwele, akanasici, enyulu; futhi wahlukanisiwe naboni, wanyuselwa ezulwini.

[27]Yena akafani nabanye ababingeleli. Akukho mfuneko yakuba asondeze amadini mihla le, ngenxa yezono zakhe nangenxa yezono zabantu. Wasondeza idini kwaba kanye qwaba, ukuzinikela kwakhe.

mesmo, realizou esse sacrifício de uma vez por todas.

[28] Porquanto a Lei designa sumos sacerdotes a homens que têm fraquezas; mas o juramento, que veio depois da Lei estabelece por toda a eternidade o Filho, que foi aperfeiçoado.

[28]Umthetho kaMosis wona umisela abantu ababuthathaka ukuba babe ngababingeleli abakhulu. Kodwa sona isithembiso sikaThixo esinesifungo – eso sifike emva komthetho – simisele uNyana ohlala esulungekile nanini nanini.

Hebreus 8

O antigo pacto era um símbolo transitório. Cristo é mediador de um pacto melhor e eterno

[1] Ora, o mais importante de tudo o que temos afirmado é que, sim, temos um Sumo Sacerdote, o qual se assentou à direita do trono da Majestade nos céus,

[2] como ministro do santuário e do verdadeiro tabernáculo que o Senhor ergueu, não como ser humano.

[3] Pois todo sumo sacerdote é constituído para apresentar ofertas e sacrifícios; por essa razão, era imprescindível que este Sumo Sacerdote fizesse a sua oferta pessoal.

[4] Entretanto, se Ele estivesse na terra, nem seria considerado sumo sacerdote, tendo em vista que já foram constituídos aqueles que apresentam as ofertas prescritas pela Lei.

[5] Esses servem num santuário que é representação e sombra daquele que está nos céus, já que Moisés foi avisado quando estava para construir o tabernáculo: “Observai tudo com cautela, para que façais todas as coisas de acordo com o modelo que vos foi revelado no monte”.

[6] Contudo, agora, Jesus recebeu um ministério ainda mais excelente que o dos sacerdotes, assim como também a aliança da qual Ele é o mediador; aliança muito

KumaHebhere 8

UYesu umbingeleli womnqophiso omtsha

[1]Nguwo lo ke umongo wentetho yam: Sinongako ke ukuba mkhulu umbingeleli, ohleli ewongeni kunye neNgangalala yezulu!

[2]Ungena kweyona ingcwele indawo, intente eyakhiwe nguThixo, ingengabo abantu.

[3]Wonke umbingeleli omkhulu umiselwe ukunikela izipho namadini. Nalo wethu umbingeleli umelwe kukuba nento ayinikelayo.

[4]Ukuba ubelapha emhlabeni, ubengayi kuba ngumbingeleli konke. Kaloku apha bakho ababingeleli abanikela izipho ngokumiselwa ngumthetho kaMosis.

[5]Phofu bona into abayenzayo ingumfuziselo nesithunzi nje sento yokwenene esezulwini. Wayexela loo nto uThixo ngamazwi awawabhekisa kuMosis, xa wayeza kwenza intente: “Qaphela ukuba yonke into uyenze ngokomzekelo owawuwuboniswe entabeni.”

[6]Ke yena uYesu unikwe ububingeleli obuphakamileyo kunobabo. Kanti ke nomnqophiso awuzakuzelayo phakathi koThixo nabantu ukwamkhulu, ngenxa

superior à antiga, pois que é fundamentada em promessas excelsas.

7 Ora, se aquela primeira aliança não tivesse imperfeições, não seria necessário buscar lugar para a segunda.

8 Porquanto Ele declara, repreendendo o povo por suas faltas: "Dias virão, diz o Senhor, em que estabelecerei com a casa de Israel e com a casa de Judá uma nova aliança.

9 Não conforme a aliança que fiz com seus antepassados, no dia em que os tomei pela mão, para os conduzir até fora da terra do Egito; pois eles não continuaram na minha aliança, e Eu me afastei deles", assevera o Senhor!

10 "Esta é a aliança que farei com a casa de Israel, passados aqueles dias", garante o Senhor. "Gravarei as minhas leis na sua mente e as escreverei em seu coração. Eu lhes serei Deus, e eles serão o meu povo,

11 ninguém jamais precisará ensinar o seu próximo, nem o seu irmão, dizendo: 'Conhece o Senhor', porque todos me conhecerão, desde o menor deles até o maior.

12 Pois Eu lhes perdoarei a malignidade e não me permitirei lembrar mais dos seus pecados".

13 Ao proclamar "Nova" esta aliança, Ele transformou em antiquada a primeira. E o que se torna superado e envelhecido, está próximo do aniquilamento.

Hebreus 9

yokubaluleka kwezithembiso osekelwe phezu kwazo.

7Ukuba ubungenagxeke umnqophiso wokuqala, bekungayi kubakho mfuneko yokuba ithathwe ngomnye indawo yawo.

8Kodwa ke uThixo uyabagxeka; uthi: " 'Kuza imihla,' itsho iNkosi, 'apho ndiya kwenza umnqophiso omtsha namaSirayeli kunye nabantu bakwaJuda.

9Ngumnqophiso ongayi kufana nondawenzela ooyise-mkhulu, mhla ndabakhokela ndibakhupha eJiputa. Bayidela imimiselo yomnqophiso, nam ke ndabafulathela,' itsho iNkosi.

10'Nguwo lo ke umnqophiso endiya kuwenza namaSirayeli kwimihla ezayo,' itsho iNkosi: 'Ndoyifaka ezingqondweni zabo imiyalelo yam, ndiyishicilele ezintliziyweni zabo, ndibe nguThixo wabo, bona babe ngabantu bam.

11Abayi kuba safundisana ngam elowo umntakwabo, elowo ummelwane wakhe, besithi: "Yazini iNkosi;" kuba bonke baya kundazi ukususela koyena mncinane kuse koyena mkhulu.

12Ndiya kubenzela inceba kwizikreqo zabo, ndingabi sazikhumbula iziphoso zabo.' "

13Xa ke uThixo ethetha ngomnqophiso omtsha, loo nto ithetha ukuba uthi umnqophiso wokuqala ugugile, seluphelelwe, uza kutshitsha kwakamsinya.

KumaHebhere 9

Os sacrifícios do santuário, por causa de suas imperfeições, deviam repetir-se, mas o de Cristo é único, porque é perfeito

[1] Ora, a primeira aliança possuía ordenanças para adoração e também um tabernáculo terreno.

[2] Pois foi levantada uma tenda, em cuja parte da frente, conhecida como Lugar Santo, estavam o candelabro, a mesa e os pães da proposição.

[3] Mas, atrás do segundo véu, havia a parte chamada Santo dos Santos,

[4] onde se posicionavam o altar de ouro puro para o incenso e a arca da aliança, também toda revestida de ouro. Nessa arca estavam o vaso de ouro contendo o maná, a vara de Arão que floresceu e as tábuas da aliança.

[5] Acima da arca ficavam os querubins da Glória, que com sua sombra cobriam a tampa da arca, o propiciatório. Contudo, não é nosso propósito detalhar esse assunto agora.

[6] Ora, logo após tudo isso estar assim preparado, os sacerdotes entravam regularmente na parte inicial do tabernáculo, a fim de realizar os atos sagrados de culto.

[7] No entanto, na segunda parte da tenda, o Santo dos Santos, somente o sumo sacerdote podia entrar, uma vez por ano, e jamais sem apresentar o sangue do sacrifício, que ele

Ukufika komnqophiso omtsha

[1]Umnqophiso wokuqala wawunemimiselo eyayenzelwe unqulo. Wawunaso nesicamagushelo esasenziwe ngabantu.

[2]Kaloku kwakukho intente eyenziweyo; igumbi layo lokuqala kwakusithiwa yindawo engcwele. Kulo kwakukho indawo yokubeka isibane, kukho netafile, kunye nesonka esinikelwe kuThixo.

[3]Emva komkhusane wesibini kwakukho elinye igumbi. Le ndawo yona kwakusithiwa yeyona ndawo ingcwele.

[4]Apho kwakukho iqonga legolide, elaliyindawo yesiqhumiso. Kwakukho netyesi yomnqophiso eyayiqatywe ngegolide. Ngaphakathi kuyo kwakukho isitya segolide esasiphethe imana, kukho nenduku ka-Aron eyakha yantshula amagqabi,kukwakho namacwecwe omnqophiso.

[5]Ngaphezu kwaloo tyesi kwakundanda imifanekiso yezithunywa ezimaphiko ezibonakalisa isithozela nendili kaThixo, ithe naa amaphiko ngaphezu kwendawo yokucamagushela. Andizi kunika ncukacha ke ngalo mba.

[6]Ngokwale nkqubo, ababingeleli babesoloko bengena kwelokuqala igumbi, baqhube khona iinkonzo zabo.

[7]Kodwa kwelesibini igumbi kwakungena umbingeleli omkhulu kuphela, kanye ngonyaka. Naye kwakufuneka ephethe igazi aza kungxengxezela ngalo izono zakhe

oferecia por si mesmo e pelos pecados que o povo havia cometido por ignorância.

8 Dessa maneira, o Espírito Santo estava revelando que, enquanto continuasse erguido o primeiro tabernáculo, o Caminho para o Santo dos Santos ainda não havia sido manifestado.

9 Esse fato transforma-se numa ilustração para os nossos dias, esclarecendo que as ofertas e os sacrifícios oferecidos não podiam dar ao adorador uma consciência perfeitamente limpa.

10 Eram tão-somente ordenanças que tratavam de comida e bebida e de várias cerimônias de purificação com água; esses mandamentos exteriores foram impostos até a chegada do tempo da nova ordem.

11 Quando Cristo chegou como Sumo Sacerdote dos benefícios que estavam por vir, Ele mesmo adentrou o maior e mais perfeito Tabernáculo, não construído por mãos humanas, isto é, não pertencente a esta criação.

12 Não por intermédio de sangue de bodes e novilhos, porém mediante seu próprio sangue, Ele entrou no Santo dos Santos, de uma vez por todas, conquistando a eterna redenção.

13 Portanto, se o sangue de bodes e de touros e as cinzas de uma novilha espalhadas sobre os que estão cerimonialmente impuros os santifica, de forma que se tornam exteriormente puros,

14 quanto mais o sangue de Cristo, que mediante o Espírito eterno se ofereceu de forma imaculada a Deus, purificará completamente a nossa consciência de

kwakunye nezo abantu bazenze bengaqondi ukuba bayona.

8UMoya oyiNgcwele ubonisa ngokucacileyo ukuba ngale nkqubo, xa kusekho igumbi lokuqala, ayikatyhilwa indlela eya kweyona ingcwele indawo.

9Yonke le nquleqhu yayingumfuziselo nje wala maxesha sikuwo. Loo minikelo naloo madini amiselweyo akanako ukuyenza ifezeke intliziyo yomnquli.

10Ngamatile-tile nje lawo aphathelele kwizinto ezityiwayo neziselwayo, nentlambuluko yangaphandle – yimimiselo nje ekhoyo kude kufike ixesha lenguqulelo entsha.

11Kodwa selefikile ngoku uKrestu, umbingeleli omkhulu wezinto ezintle ezikhoyo. Intente angena kuyo yena inkulu, iyayigqwesa eyomnqophiso wokuqala. Yona ayenziwanga mntu. Ndithetha ukuthi asiyiyo yeli hlabathi lidaliweyo.

12Igazi ledini asililo leebhokwe namathole, ligazi lakhe buqu. Kungoko ke wangenayo kwaba kanye kuphela kweyona ingcwele indawo, wasizuzela inkululeko yamaxesha onke.

13Ukuba kaloku kwakusenzeka ukuba abantu bahlanjululwe izisihla ngokutshizwa ngegazi leebhokhwe neleenkomo nangothuthu lwethokazi,

14ingakanani ke yona inkululeko esiyifumana ngegazi likaKrestu? Yena wazinikela kuThixo emsulwa, ngoMoya ongunaphakade, wazenza idini. Ligazi lakhe

comportamentos que conduzem à morte, para que sirvamos ao Deus vivo!

eliya kuzihlambulula ezethu izazela emisebenzini efileyo, lisenze sikulungele ukukhonza uThixo ophilayo.

15 Exatamente por esse motivo, Cristo é o Mediador de uma Nova Aliança para que todos aqueles que são chamados recebam a Promessa da herança eterna, visto que Ele morreu como resgate por todas as transgressões cometidas durante o período em que vigorava a primeira aliança.

15Ngoko ke yena uKrestu ungunozakuzaku womnqophiso omtsha, ukuze abantu ababiziweyo nguThixo balizuze ilifa laphakade ababelithenjisiwe. Kaloku ngokufa kwakhe uzicimile izono ababezenzile ngexesha lomnqophiso wokuqala.

16 No caso de um testamento, é imperioso que se comprove a morte daquele que o determinou;

16Ke, apho kukho umyolelo kufuneka icace into yokuba umyoleli ufile.

17 porquanto, um testamento só tem validade legal após a confirmação da morte do testador, considerando que não poderá entrar em pleno vigor enquanto estiver vivo quem o fez.

17Kaloku umyolelo awusebenzi xa esaphila umyoleli; kuphela usebenza akuba efile.

18 Por essa razão, nem a primeira aliança foi sancionada sem sangue,

18Seso sizathu ke esabangela ukuba nowokuqala umnqophiso usungulwe ngegazi.

19 tendo em vista que, depois de proclamar todos os mandamentos da Lei a todo o povo, Moisés levou sangue de novilhos e de bodes, e também água, lã vermelha e ramos de hissopo, e aspergiu sobre o livro e toda a população, declarando:

19UMosis waqala wabavakalisela abantu yonke imiyalelo njengoko ibhaliwe emthethweni. Kamva ke walithatha igazi lamankonyana neleebhokhwe kunye namanzi, waza wathatha uboya obubomvu nobulawu, wayifefa ngegazi incwadi yomthetho ndawonye nabo bonke abantu,

20 “Este é o sangue da aliança, a qual Deus ordenou para obedecerdes”.

20esithi: “Eli ligazi lomnqophiso aniwisele wona uThixo.”

21 E procedeu da mesma maneira, aspergindo com o sangue o próprio tabernáculo e todos os utensílios usados nas cerimônias sagradas.

21Kwangokunjalo wayifefa intente ababekhonzela kuyo, nazo zonke izitya ezazisetyenziswa kuyo.

22 De fato, conforme a Lei, quase todas as coisas são purificadas com sangue, e sem

22Ewe, ngokomthetho phantse yonke into ihlanjululwa ngegazi; ngaphandle

derramamento de sangue não pode haver absolvição!

[23] Portanto, se fez necessário que as representações das construções que estão no céu fossem purificadas mediante tais sacrifícios, mas os próprios elementos celestiais, por meio de sacrifícios muito superiores a estes.

[24] Pois Cristo não adentrou a um santuário erguido por mãos humanas, uma simples ilustração do que é verdadeiro; Ele entrou nos céus, para agora se apresentar diante de Deus em nosso benefício;

[25] Ele também não se ofereceu muitas vezes, como procede o sumo sacerdote que entra no Santo dos Santos de ano em ano portando sangue alheio.

[26] Ora, se assim fosse, seria necessário que Cristo sofresse muitas vezes, desde o início do mundo. Mas agora Ele manifestou-se de uma vez por todas, no final dos tempos, para aniquilar o pecado por intermédio do sacrifício de si mesmo.

[27] E, assim como aos homens está ordenado morrer uma só vez, vindo, depois disso o Juízo,

[28] assim também Cristo foi oferecido em sacrifício uma única vez, para tirar os pecados de muitas pessoas; e aparecerá segunda vez, não mais para eximir o pecado, mas para brindar salvação a todos que o aguardam!

Hebreus 10

[1] Assim, considerando que a Lei oferece somente um vislumbre dos plenos benefícios que hão de vir, e não exatamente a sua

kokuphalala kwegazi akukho ukuxolelwa kwezono.

[23]Ngoko ke ezi zinto zahlanjululwa ngolu hlobo. Kaloku zona ziyimifanekiso yezinto zokwenene ezisezulwini. Kodwa ke zona ezo zisezulwini zihlanjululwa ngamadini angcono.

Idini likaYesu liyazisusa izono

[24]Kaloku uKrestu le ndawo ingcwele angene kuyo ayenziwanga ngumntu, futhi ayingomfanekiso; koko ungene ezulwini phakathi. Ngoku umi khona phambi koThixo; uyasithethelela.

[25]Yena akaphinda-phindi ukuzinikela njengombingeleli omkhulu ongena endaweni engcwele minyaka le negazi elingelilo nelakhe.

[26]Kaloku ukuba bekungenjalo ubunzima nge-ebuve kaninzi, kususela ekusekweni kwehlabathi. Kodwa endaweni yaloo nto ungene kwaba kanye qwaba, ekusongweni kwamaxesha, ukuze isono asisuse ngedini elinguye buqu.

[27]Umntu ngamnye ufa kube kanye, emva koko agwetywe.

[28]Ngokunjalo ke noKrestu wanikelwa kwaba kanye ukuze athwale izono zabaninzi. Okwesibini uya kufika engenanto yakwenza nesono, koko eze kusindisa abo bamlindeleyo.

KumaHebhere 10

[1]Kaloku wona umthetho ngumazi wendlela ungayihambi; uzoba umfanekiso nje wezinto zokwenene ezizayo. Ngamadini

realidade, jamais poderá, mediante os mesmos sacrifícios repetidos ano após ano, aperfeiçoar os que se achegam para adorar.

awo aphindwa-phindwa minyaka le awukwazi ukubenza bafaneleke abo banqulayo.

2 Se não fosse assim, não teriam cessado de ser oferecidos? Porquanto, se os adoradores tivessem sido purificados de uma vez por todas, não mais se sentiriam culpados de seus pecados.

2Ukuba ubukwazi, amadini lawo ngekukudala ayekwa. Kaloku abo banqulayo ngebehlanjululwe kwaba kanye qha, baba nyulu, saphela nesazela ngesono.

3 Contudo, essas cerimônias de sacrifícios promovem, todos os anos, uma recordação dos pecados,

3Kodwa, ndaweni yaloo nto, la madini abakhumbuza ngezono minyaka le.

4 porque é impossível que o sangue de touros e bodes remova pecados.

4Kaloku igazi leenkunzi zeenkomo, neleebhokwe, alisoze lizisuse izono.

5 Por isso, quando Cristo veio ao mundo, proclamou: “Sacrifício e oferta não quiseste, mas um corpo me preparaste;

5UKrestu uthethe ngolu hlobo xa eza emhlabeni: “Wena akuwafuni amadini neminikelo, yiyo loo nto undilungiselele umzimba.

6 de holocausto e ofertas pelo pecado não te agradaste.

6Akuwathandanga amadini atshiswayo nawesono;

7 Então, Eu disse: Aqui estou, no Livro está escrito a meu respeito; vim para fazer a tua vontade, ó Deus”.

7ndaza ndathi ke mna, njengoko kubhaliwe encwadini: ‘Ndiyeza ukuze ndenze intando yakho, Thixo wam.’ ”

8 Havendo declarado em primeiro lugar: “Sacrifícios, ofertas, holocaustos e ofertas pelo pecado não quiseste, tampouco deles te agradaste”, os quais foram realizados conforme a Lei.

8Qaphela ke kuba uqala ngokuthi: “Wena akuwafuni amadini neminikelo; namadini atshiswayo nawesono akuwathandi,” nakuba egunyaziswa ngumthetho.

9 Então, completou: “Aqui estou; vim para fazer a tua vontade”. E assim, Ele cancela o primeiro padrão, para estabelecer o segundo.

9Kwakhona uthi: “Ndiyeza ukuze ndenze intando yakho.” Ngoko ke uThixo uyayitshitshisa le nkqubo yokuqala, umilisela le yesibini.

10 E por essa determinação, fomos santificados por meio da oferta do corpo de Jesus Cristo, feita de uma vez por todas.

10Yile ntando kaThixo ke esenza nyulu; kaloku uYesu Krestu yena uzinikele kwaba kanye qwaba.

11 Ora, todo sacerdote se apresenta, dia após dia, para exercer seus deveres religiosos, que nunca podem remover os pecados.

11Wonke umbingeleli uma mihla le ephinda-phinda enikela amadini angenako ukuzisusa izono.

[12] Jesus, no entanto, havendo oferecido para sempre, um único sacrifício pelos pecados, assentou-se à direita de Deus,

[13] aguardando, daí em diante, até que seus inimigos sejam submetidos por estrado de seus pés.

[14] Porquanto, com uma única oferta, aperfeiçoou por toda a eternidade todos quantos estão sendo santificados.

[15] E disso, igualmente, nos dá testemunho o Espírito Santo, porquanto, após ter declarado:

[16] "Esta é a aliança que farei com eles, depois daqueles dias, diz o Senhor. Colocarei as minhas leis no âmago do seu coração e as inscreverei profundamente em sua mente",

[17] conclui: "Dos seus pecados e iniquidades nunca mais me permitirei recordar".

[18] Afinal, onde todas as transgressões foram perdoadas, não existe mais qualquer necessidade de oferta de sacrifício pelo pecado.

Exortação a perseverar na fé

[19] Sendo assim, irmãos, temos plena confiança para entrar no Santo dos Santos mediante o sangue de Jesus,

[20] por um novo e vivo Caminho que Ele nos descortinou por intermédio do véu, isto é, do seu próprio corpo;

[21] e tendo um magnífico sacerdote sobre a Casa de Deus.

[22] Portanto, acheguemo-nos a Deus com um coração sincero e com absoluta certeza de fé, tendo os corações aspergidos para nos purificar de uma consciência culpada, e os nossos corpos lavados com água pura.

[12]Kodwa uKrestu yena wenze umnikelo wamnye qha ngenxa yezono, waza waya kuhlala kwiwonga alinikwe nguThixo.

[13]Ngoku ke ulinde khona ukuba ade uThixo amoyisele iintshaba zakhe.

[14]Kaloku yena ubenze bahlala besulungekile ngomnikelo omnye qha abo banyuliweyo.

[15]UMoya oyiNgcwele ungqina athi kuqala:

[16]“ ‘Nangu umnqophiso endiya kuwenza nabo emva kwaloo mihla,’ itsho iNkosi: ‘Ndiya kuyifaka ezintliziyweni zabo imithetho yam, ndiyishicilele ezingqondweni zabo imiyalelo yam.’ ”

[17]“Uphinda athi: “Izono zabo, ngokunjalo nenkohlakalo yabo, ndiya kuyilibala.”

[18]Zakuba zixolelwe ke izono akusafuneki minikelo ngenxa yazo.

Masisondele kuThixo

[19]Ngoko ke, mawethu, igazi likaYesu lisikhulule ukuze singene kweyona ndawo ingcwele singenaloyiko.

[20]Le ndlela asivulele yona intsha, futhi iyaphila, ihamba iphumele ngaphaya kwekhuselo, ndithetha umzimba wakhe.

[21]Ngaphezu koko ke sinombingeleli omkhulu owongamele indlu kaThixo.

[22]Ngoko ke masisondele sinyanisekile kuThixo, siqinisekile ngokholo, izazela zethu ezinobutyala zihlanjululwe, ngokunjalo nemizimba yethu ihlanjwe ngamanzi amsulwa.

[23] Sem duvidar, mantenhamos inabalável a confissão da nossa esperança, porquanto quem fez a Promessa é fiel;

[23]Masithi nca kwisivumo seli themba sinalo; kaloku unyanisekile lowo usithembisileyo.

[24] e consideremos uns aos outros, para nos encorajarmos às manifestações de amor fraternal e às boas obras.

[24]Ngoko ke masikhathalelane, sivuselelane uthando, ngokunjalo nokwenza imisebenzi emihle.

[25] Não abandonemos a tradição de nos reunirmos como igreja, segundo o procedimento de alguns, mas, pelo contrário, motivemo-nos uns aos outros, tanto mais quanto vedes que o Dia está se aproximando.

[25]Kananjalo masikuxabise ukudibana namanye amakholwa, siphefumlelane, singabi njengâbo bawutyeshelayo lo mkhwa. Ewe, masikhuthazane ngakumbi nangakumbi, kuba nani niyabona ukuba imini leyo iyasondela.

[26] Porque, se vivermos deliberadamente em pecado, depois de termos recebido o pleno conhecimento da verdade, já não resta sacrifício pelos pecados,

[26]Kaloku xa singayeki ukona ngabom nangoku sesiyazi inyaniso, akusekho dini lingázisusayo izono zethu.

[27] mas uma horrível expectativa de juízo e fogo ardente prestes a consumir todos os inimigos de Deus.

[27]Into elindelekileyo ngumgwebo orhwaqelisayo nomlilo olenyayo oza kutshabalalisa abo bamchasayo uThixo.

[28] Ora, se aqueles que rejeitam a Lei de Moisés morrem sem misericórdia, mediante a palavra de acusação de duas ou três testemunhas,

[28]Umntu owaphule umthetho kaMosis akenzelwa nceba, koko uyabulawa, akuba egwetywe ngobungqina babantu ababini okanye abathathu.

[29] julgai vós, quanto maior castigo merecerá quem feriu os pés do Filho de Deus, profanou o sangue da aliança pelo qual Ele foi santificado, e insultou o Espírito da graça?

[29]Ke, nicinga ukuba wothiwani umntu odela uNyana kaThixo, umntu olenza into engento igazi lomnqophiso ahlanjwe lilo? Ewe, lowo ungcikiva uMoya wesisa! Ngokuqinisekileyo umntu onjalo ufanelwe sisohlwayo esingqongqo.

[30] Porquanto, nós conhecemos aquele que declarou: “A mim pertence a vingança!”, e em outro trecho: “O Senhor exercerá juízo sobre seu povo”.

[30]Kaloku siyamazi lowo wathi: “Impindezelo yeyam; ndim oya kubuyekeza.” Kwakhona uphinda athi: “INkosi iya kubagweba abantu bayo.”

[31] Assim, terrível coisa é cair nas mãos do Deus vivo!

[31]Kambe ke yinto eyoyikekayo ukugwetywa nguThixo ophilayo!

[32] Contudo, lembrai-vos dos primeiros dias em que, depois de serdes iluminados,

[32]Ngoko ke yikhumbuleni imihla eyadlulayo. Kaloku nathi nakuvelelwa

suportastes uma grande provação e sofrimentos.

ngumsobomvu kaThixo nangena ebunzimeni obukhulu, phofu ke nalapho nazabalaza kwâkuko.

[33] Algumas vezes, fostes expostos ao público como espetáculo de humilhações e perseguições e, outras vezes, vos associastes aos que da mesma forma foram ofendidos.

[33]Nanidla ngokuba sesichengeni sengcikivo nokungcungcutheka, kanti nanide nizimisele ukuzibandakanya nâbo babephethwe kakubi.

[34] Porque não somente vos compadecestes dos encarcerados, como também recebestes com alegria o confisco dos vossos próprios bens, pois estáveis convictos de possuirdes bens muito superiores e que duram para sempre.

[34]Ewe kaloku, navelana nabo abo babesentolongweni; naloo nto yokohluthwa impahla yenu nayamkela ngovuyo, kuba nisazi ukuba nina ninento ebhetele eya kuhlala ihleli.

[35] Portanto, não abandoneis a vossa confiança; pois nela há grandioso galardão.

[35]Ngoko ke sanukutyhafa, kuba nilindelwe ngumvuzo omkhulu.

[36] Em verdade vos afirmo que necessitais de perseverança, a fim de que, havendo cumprido a vontade de Deus, alcanceis plenamente o que Ele prometeu;

[36]Kaloku kufuneka nibe nomonde, ukuze niphumelele ukwenza ukuthanda kukaThixo, nisizuze nesithembiso sakhe.

[37] pois dentro de pouco tempo “Aquele que vem virá, e não tardará.

[37]Kaloku zithi iziBhalo: “Kusasele umzuzwana nje aze lowo uzayo afike, angalibazisi.

[38] Mas o justo viverá pela fé! Contudo, se retroceder, minha alma não se agradará dele”.

[38]Kambe ke yena olungisayo uya kuphila ngokholo; kodwa ke ukuba uthe warhoxa, andiyi kumkhathalela.”

[39] Nós, entretanto, não somos dos que regridem para a perdição; mas sim, dos que crêem e, salvos, seguem avante.

[39]Phofu ke thina asingabo abo barhoxayo baze balahleke, koko singabo baya kudla ubomi kuba bethembele kuThixo.

Hebreus 11

A natureza da fé e exemplos de fé tirados do Antigo Testamento

[1] Ora, a fé é a certeza de que haveremos de receber o que esperamos, e a prova daquilo que não podemos ver.

[2] Porquanto foi mediante a fé que os antigos receberam bom testemunho.

KumaHebhere 11

Ukukholwa

[1]Ukukholwa ke kukuqiniseka ngezinto esinethemba lazo; kukwakukuqiniseka nangobukho bezinto esingaziboniyo.

[2]Abantu bamandulo bagqwesa ngenxa yokuthembela kwabo kuThixo.

[3] Pela fé compreendemos que o Universo foi criado por intermédio da Palavra de Deus e que aquilo que pode ser visto foi produzido a partir daquilo que não se vê.

[3]Ngokholo siyaqonda ukuba indalo yavela ngelizwi likaThixo, zaza izinto ezibonakalayo zabakho kungekho nto ibonakalayo adala ngayo.

[4] Pela fé Abel ofereceu a Deus um sacrifício mais excelente do que Caim. Por meio da fé, ele foi reconhecido como justo, no momento em que Deus aprovou suas ofertas. Apesar de estar morto, seu testemunho de fé ainda é eloquente.

[4]Ngokholo lagqwesa kuThixo elika-Abheli idini kunelikaKayin. Ngokholo uAbheli wamkelwa nguThixo waba lilungisa, kuba uThixo ngokwakhe wakholiswa ngumnikelo wakhe. Ngako ukukholwa kwakhe ke, naxa afileyo nje uAbheli, usathetha.

[5] Por meio da fé, Enoque foi arrebatado, de forma que não experimentou a morte; e "já não foi encontrado, porquanto Deus o havia arrebatado", visto que, antes de ser arrebatado, havia recebido o testemunho de que tinha agradado a Deus.

[5]Ngokholo uInoki wathwetyulwa engakhange afe. IziBhalo zithi: "Akazange aziwe bani apho akhoyo, kuba wayethathwe nguThixo."Futhi ziyangqina iziBhalo ukuba uInoki wamkholisa uThixo ngaphambi kokuba athathwe.

[6] Em verdade, sem fé é impossível agradar a Deus; portanto, para qualquer pessoa que dele se aproxima é indispensável crer que Ele é real e que recompensa todos quantos se consagram a Ele.

[6]Lungekho ke ukholo akukho ukumkholisa uThixo. Kaloku wonke ubani ozayo kuye kufuneka akholwe ukuba ukho uThixo, yaye uyabavuza abo bamlangazelelayo.

[7] Pela fé Noé, quando divinamente orientado acerca dos acontecimentos que ainda não podiam ser vistos, movido por santo temor, construiu uma arca a fim de salvar sua família. Por intermédio da fé, ele condenou o mundo e tornou-se herdeiro da justiça que vem da fé.

[7]Ngokholo uNowa, xa wayexelelwa nguThixo ngezinto ezaziza kuhla, waphulaphula wakha inqanawa, walusindisa usapho lwakhe. Ngokholo lwakhe wabudandalazisa ubugwenxa behlabathi, waza wenziwa ilungisa nguThixo ngenxa yokuthembela kwakhe kuye.

[8] Pela fé Abraão, quando convocado, obedeceu e dirigiu-se a um lugar que no futuro receberia como herança, embora não soubesse para onde estava sendo dirigido.

[8]Ngokholo uAbraham walusabela ubizo lokuya kuma kwilizwe elalithenjiswe nguThixo kuye nakwinzala yakhe. Walishiya elakowabo, engazi nokuba makabheke ngaphi na.

[9] Mediante a fé, peregrinou na terra prometida como se fosse terra estrangeira, habitando em tendas, assim como Isaque e

[9]Ngokholo wahlala engumphambukeli kwilizwe lesithembiso. Wayehlala

Jacó, herdeiros com ele da mesma promessa.

ezintenteni. Benjenjalo nooIsake noYakobi abakwaziindlamafa zeso sithembiso.

10 Porquanto, aguardava alcançar a cidade que tem alicerces magníficos, da qual Deus é o arquiteto e edificador.

10Kaloku wayenxubile elindele elo lizwe liziseko zingagungqiyo, lakhiwe nguThixo.

11 Por meio da fé, da mesma forma, a própria Sara recebeu poder para gerar filhos, ainda que estéril e avançada em idade, porque considerou fidedigno Aquele que lhe havia feito a promessa.

11Ngokholo nkqu noSara owayengazali, naxa wayeselegugile nje, wafumana amandla, wakhawula, kuba wathemba ukuba uThixo lo uthembisileyo wosigcina isithembiso sakhe.

12 Sendo assim, daquele homem, já sem virilidade, nasceu uma descendência tão numerosa como as estrelas do céu, e incontável como os grãos de areia à beira-mar.

12Yiyo ke loo nto kuthe kwindoda enye, naxa yayiselifana nofileyo nje kukwaluphala, kwavela inzala ebuninzi bungangeenkwenkwezi, ingenakubalwa okwentlabathi elunxwemeni lolwandle.

13 Todos esses viveram pela fé, e morreram sem ter recebido o que havia sido prometido; contudo, viram-no de longe e à distância o saudaram, reconhecendo que eram estrangeiros e peregrinos sobre a terra.

13Bonke aba bantu bafa benokholo. Babengekazixhamli iziqhamo zesithembiso. Kodwa naxa zazikude babezibona, bezilangazelela, bevuma ukuba bona baziindwendwe nje ezidlulayo kweli lizwe.

14 Os que se expressam dessa maneira demonstram que estão em busca de uma pátria.

14Abantu abenjenje ukuthetha kucace mhlophe ukuba bafuna elakowabo,

15 Pois, se estivessem cogitando sobre aquela de onde saíram, teriam a possibilidade de voltar.

15bengalikhumbuli ilizwe abalishiyileyo. Kaloku ngebabebuyele ukuba kwakunjalo.

16 Em vez disso, aguardavam eles pela pátria excelente, ou seja, a pátria celestial. Por esse motivo, Deus não se constrange de ser conhecido como o Deus deles, mas lhes preparou uma cidade.

16Koko sibabona benxubele ilizwe elihle – izulu. Yiyo ke loo nto angenazintloni uThixo xa kuthiwa unguThixo wabo; kaloku ubalungiselele isixeko.

17 Pela fé, Abraão, no tempo em que Deus o expôs à prova, ofereceu-lhe Isaque como sacrifício; aquele que havia recebido as promessas estava mesmo a ponto de sacrificar seu unigênito,

17Ngokholo uAbraham wamnikela uIsake akuvavanywa nguThixo. Lo Abraham zazenziwe kuye izithembiso, nguye kanye lo wayeselemnikela unyana okwakukuphela kwakhe;

[18] ainda que Deus lhe tivesse prometido: “Por intermédio de Isaque, sua descendência será estabelecida”;
[19] porquanto, acreditou que Deus era suficientemente poderoso para ressuscitá-lo dentre os mortos e, simbolicamente, recebeu Isaque de volta dentre os mortos.
[20] Pela fé, Isaque abençoou Jacó e Esaú em relação ao futuro deles.

[21] Pela fé, Jacó, prestes a morrer, abençoou cada um dos filhos de José e, apoiado sobre a extremidade do seu cajado, adorou a Deus.

[22] Pela fé, José, também ao final da vida, relembrou o êxodo dos filhos de Israel do Egito e deu instruções quanto ao enterro dos seus próprios ossos.
[23] Mediante fé, Moisés, ainda recém-nascido, foi escondido durante três meses por seus pais, porque perceberam que sua formosura não era comum, e não temeram o decreto do rei.

[24] Pela fé, Moisés, já adulto, recusou ser aclamado como filho da filha do Faraó,

[25] preferindo ser maltratado com o povo de Deus a desfrutar os prazeres que o pecado é capaz de proporcionar por curto período de tempo.
[26] Por amor ao Messias, julgou sua desonra uma riqueza mais excelente que os tesouros do Egito, porquanto contemplava sua gloriosa recompensa.
[27] Por meio da fé, abandonou o Egito, não temendo a ira do rei, e perseverou, pois fitava Aquele que é invisível.

[18]lo kanye kwakuthiwe ngaye: “Inzala yakho yokwaziwa ngomlibo kaIsake.”

[19]Kaloku uAbraham yena wayeqonda ukuba uThixo unako ukubavusa abafileyo – ngathi ke uThixo wamvusa kwabafileyo noIsake.

[20]Ngokholo uIsake walisikelela ikamva looYakobi noEsawu.

[21]Ngokholo uYakobi wabasikelela bonke ngabanye, ngaphambi kokuba abhubhe, oonyana bakaJosefu. Wangqiyama ngomsimelelo wakhe, wanqula uThixo.

[22]Xa wayeselukhukweni lokufa, uJosefu ngokholo wayolela ngemfuduko yamaSirayeli eJiputa, wayaleza namathambo akhe.

[23]Ngokholo abazali bakaMosis bamfihla iinyanga ezintathu emva kokuba ezelwe. Kaloku wayelusana oluthandekayo, baza ke àbasithobela isimiselo sekumkani ngokwenza loo nto.

[24]Ngokholo, akuba mdala uMosis, akazange avume ukuba kuthiwe ungunyana wentombi yokumkani waseJiputa.

[25]Wakhetha ukuhlupheka kunye nabantu bakaThixo kunokuba axhamle isono nokuba ngumzuzwana nje.

[26]Ingcikivo kaKrestu wayithatha njengento ebaluleke ngaphezu kwabo bonke ubutyebi baseJiputa, kuba wayenethemba lomvuzo ozayo.

[27]Ngokholo uMosis wayishiya iJiputa, phofu kungengakuba wayesoyika umsindo wekumkani. Wayefunzele

phambili ngokungathi wayembona uThixo ongabonwayo.

[28] Por intermédio da fé, celebrou a Páscoa e fez aspersão do sangue, para que o anjo destruidor não tocasse nos primogênitos dos israelitas.

[28]Ngokholo wamisela isidlo sePasika. Wayalela ukuba makutshizwe imigubasi ngegazi, khon' ukuze isithunywa sokufa singawatshabalalisi amazibulo amaSirayeli.

[29] Pela fé, o povo atravessou o mar Vermelho como em terra seca; mas quando os egípcios procuraram também atravessá-lo, morreram afogados.

[29]Ngokholo amaSirayeli aluwela uLwandle oluBomvu ngokungathi ahamba emhlabeni owomileyo, kodwa wona amaJiputa eyela akuwalinganisa.

[30] Foi pela fé que os muros de Jericó desmoronaram, depois de serem rodeados durante sete dias.

[30]Lukholo olwadiliza iindonga zeJeriko, akuba amaSirayeli ezijikeleze iintsuku zasixhenxe.

[31] Também foi mediante a fé que a prostituta Raabe, por haver acolhido os espiões, não foi morta juntamente com os incrédulos.

[31]Lukholo olwasindisa ihenyukazi uRahabhi ekutshabalaleni kunye nabo bangamthobeliyo uThixo, kuba lona lazamkela ngobubele iintlola.

[32] Quantos exemplos mais darei? Infelizmente não disponho de tempo para falar sobre a devoção de Gideão, Baraque, Sansão, Jefté, Davi, Samuel e os profetas,

[32]Ndibalisa ntoni na? Lingaphela tu ixesha ndithetha ngoGidiyon,noBharaki, noSamson, uJafta, noDavide, uSamweli, nabashumayeli bamandulo.

[33] os quais, por intermédio da fé, conquistaram reinos, praticaram a justiça, receberam o cumprimento de promessas, fecharam a boca de leões,

[33]Ngokholo bona babhukuqa izikumkani, benza ubulungisa, bazuza izinto ezazithenjiswe nguThixo. Babevingca imilomo yeengonyama ezigqumayo,

[34] extinguiram a violência do fogo, foram libertos do fio da espada; da fraqueza tiraram força, tornaram-se poderosos nas batalhas e puseram em retirada exércitos estrangeiros.

[34]bacime imililo edwanguzayo,basinde ekufeni ngekrele. Baphiwa amandla xa babengenawo. Babengamagorha emfazweni; babezichitha iintshaba zibe ziintsalu.

[35] Algumas mulheres receberam por meio da ressurreição os seus mortos de volta à vida. Uns foram martirizados e não negociaram seu livramento, a fim de poderem conquistar uma ressurreição ainda mais excelente;

[35]Ngokholo abafazi babebuyiselwa abafileyo babo bevuswe ekufeni.Abanye bâla ukukhululwa, bafa ngokungxwelerhwa, khon' ukuze bavukele kobona bomi.

[36] muitos enfrentaram zombarias e torturas, outros ainda foram acorrentados e jogados aos cárceres;

[37] apedrejados, serrados ao meio, tentados, mortos ao fio da espada. Andaram sem rumo, vestidos de pele de ovelhas e de cabras, necessitados, angustiados e maltratados.

[38] Caminharam como refugiados, vagando pelos desertos e montes, pelas cavernas e buracos na terra. Pessoas das quais o mundo não foi digno!

[39] Ora, todos esses, apesar de haverem sido aprovados por Deus por meio da fé, não presenciaram a concretização do que Ele havia prometido;

[40] tendo em vista que Deus havia providenciado algo ainda mais excelente para nós, a fim de que juntamente conosco pudessem ser eles também aperfeiçoados.

Hebreus 12

Perseverança no meio das provações, segundo o exemplo de Cristo

[1] Portanto, também nós, considerando que estamos rodeados por tão grande nuvem de testemunhas, desembaracemo-nos de tudo o que nos atrapalha e do pecado que nos envolve, e corramos com perseverança a corrida que nos está proposta,

[2] olhando fixamente para o Autor e Consumador da fé: Jesus, o qual, por causa do júbilo que lhe fora proposto, suportou a cruz, desprezando a vergonha, e assentou-se à direita do trono de Deus.

[36]Bambi babesenziwa intlekisa, bekatswa, bekhonkxwa ngamatyathanga, bevalelwa entolongweni.

[37]Babekhandwa ngamatye, besarhwa kubini, bebulawa ngekrele. Babehamba benxibe iimfele zeegusha nezikhumba zeebhokhwe, beswele, betshutshiswa, bephethwe gadalala.

[38]Babengafanelanga ukuhlala kweli hlabathi linje, ngenxa yokulunga kwabo. Babezizibhadu-bhadu ezazihamba zihlala koozintlango nasezintabeni, koomiqolomba nasemingxunyeni phantsi komhlaba.

[39]Bayakhunjulwa bonke ngabanye aba, ngenxa yokugqwesa kokholo lwabo. Kambe ke abazizuzanga izinto ezathenjiswayo nguThixo,

[40]kuba kaloku uThixo ube nacebo limbi lilungileyo: uthande ukuba bangazixhamli izithembiso zakhe ngaphandle kwethu.

KumaHebhere 12

Ukunyamezela ingqeqesho

[1]Ngoko ke, thina siphahlwe ngamangqina amaninzi kangaka nje, masiyilahle ke yonke into enokusibambezela, ingakumbi isono, kuba sona siyarhintyela. Masingene kolu gqatso luphambi kwethu sizimisele.

[2]Amehlo ethu makathi ntsho kuYesu; kaloku síxhomekeke kuye isiqalo ndawonye nekamva lokholo lwethu. Ewe kaloku, yena wathi, ngenxa yenyhweba eyayimlindele, wawunyamezela umnqamlezo, walidela nehlazo lawo; kungokunje uhleli ewongeni kwibhotwe likaThixo.

[3] Refleti profundamente sobre Aquele que suportou tamanha oposição dos pecadores contra sua própria pessoa, para que não vos fatigueis, tampouco desanimeis.

[4] Ora, na guerra contra o pecado ainda não tendes resistido até o extremo de derramar o próprio sangue.

[5] E estais esquecidos da Palavra de encorajamento que Ele vos dirige como a filhos: “Meu filho, não desprezeis a disciplina do Senhor, nem desanimeis quando por Ele sois repreendido,

[6] pois o Senhor disciplina a quem ama, e educa todo aquele a quem recebe como filho”.

[7] Suportai as dificuldades, aceitando-as como disciplina; Deus vos trata como filhos. Ora, qual o filho que não passa pela correção do seu pai?

[8] Mas, se estais sem orientação, da qual todos se têm tornado participantes, então não sois filhos legítimos, mas bastardos.

[9] Além do mais, tínhamos nossos pais humanos que nos educavam, e nós os respeitávamos. Quanto mais devemos toda obediência ao Pai dos espíritos, para então vivermos!

[10] Porquanto, nossos pais nos disciplinavam por um espaço curto de tempo, da forma que melhor lhes parecia. Deus, entretanto, nos corrige para o nosso bem maior, a fim de que possamos participar plenamente da sua santidade.

[11] Toda correção, de fato, no momento em que ocorre não nos parece ser motivo de

[3]Ngenene mkhumbuleni yena, kuba wamelana nayo yonke inkcaso yaboni. Xa nisenjenjalo ke niya kukhuthala ningatyhafi.

[4]Kuba kaloku kulo mzabalazo wokulwa isono anikazingisi kude kuphalale igazi.

[5]Ngaba seniyilibele na indlela anikhuthaza ngayo uThixo ngokoonyana, esithi: “Nyana wam, sukuyidela ingqeqesho yeNkosi; futhi sukutyhafa yakukululeka.

[6]Kuba iNkosi iyabaqeqesha abo ibathandayo, ize imohlwaye unyana owamkelekileyo kuyo.”

[7]Bunyamezeleni ubunzima, kuba yingqeqesho. Kaloku uThixo uniphethe njengoonyana bakhe. Nakha nambona phi unyana ongaqeqeshwayo nguYise?

[8]Ukuba ngaba aniqeqeshwa njengabo bonke oonyana, loo nto iya kuthetha ukuba aningabo oonyana ngenene, koko niyimigqakhwe.

[9]Kaloku besifudula sinabo ootata apha emhlabeni, besiqeqesha, kodwa sibahlonipha. Kuyimfuneko ngakumbi ke ukuba simhloniphe ngentobeko lowo ungutata wethu ngokoMoya, khon' ukuze siphile.

[10]Ootata bethu bona babesiqeqesha kangangoko, kodwa lilifutshane ixesha labo. Kambe ke yena uThixo, esiqeqesha nje, usilungiselela ukuba sibuxhamle ubungcwele bakhe.

[11]Kambe ke, xa sisephantsi kwayo, ingqeqesho ayivakali iluyolo, koko

contentamento, mas de frustração; mais tarde, no entanto, produz fruto de justiça e paz para todos aqueles que por ela foram disciplinados.

ibuhlungu; kodwa ke abo bayinyamezelayo baba nobomi obusulungekileyo obuyondeleleneyo.

Exortação à santidade. Vários preceitos

12 Sendo assim, fortalecei as mãos enfraquecidas e os joelhos vacilantes.

13 "Preparai caminhos retos para os vossos pés", para que aquele que manca não se desvie, pelo contrário, seja curado!

14 Esforçai-vos para viver em paz com todas as pessoas e em santificação, sem a qual ninguém verá o Senhor.

15 Vigiai para que ninguém se exclua da graça de Deus; que nenhuma raiz de mágoa venenosa brote e vos cause confusão, contaminando muitos;

16 que não se abrigue entre vós nenhum imoral ou profano, como Esaú, o qual por uma refeição desejada, vendeu todos os seus direitos de herança como filho mais velho.

17 E, assim, como bem sabeis, quando mais tarde quis herdar a bênção, foi rejeitado; e não teve como cancelar sua decisão, apesar de ter buscado a bênção desesperadamente.

18 Ainda não chegastes ao monte palpável e em chamas, à escuridão, às trevas, à tempestade,

19 ao clangor da trombeta, ao som das Palavras, que os que as ouviram rogaram que não se lhes pronunciasse mais;

20 porquanto, não podiam suportar o que lhes era ordenado: "Até mesmo um animal, se tocar no monte, deve ser apedrejado".

Ingozi yokungaliphulaphuli ilizwi likaThixo

12Ngoko ke dlamkani, zihlaziyeke iingalo ezinomkhinkqi namadolo anengevane.

13Imizila yendlela yenu mayingabi goso, ukuze oqhwalelayo angenzakali, koko anyangeke.

14Hlalani ngoxolo nabo bonke abantu. Yibani nyulu, kuba ngaphandle kobunyulu akukho mntu uya kuyibona iNkosi.

15Lumkani kungabikho mntu uphulukana nalo ubabalo lukaThixo. Makungakhuli ngcambu yabubi inokuthi ibe yityhefu kwabaninzi.

16Lumkani kungathi kanti kukho umntu olihilihili, okanye ophandl' apha njengoEsawu. Kaloku yena waphulukana nobuzibulo bakhe ngenxa yokutya.

17Kananjalo niyazi ukuba kamva wathi efuna ukuyibanga intsikelelo akamkeleka. Ewe, wayeyifuna nangeenyembezi, kodwa akayizuzanga, kuba akazange alifumane ithuba lokuguquka.

18Kambe nina anijongananga nanto iphathekayo njengamaSirayeli entabeni yeSinayi, eyayidangazela umlilo, inobumnyama obuzala isithokothoko, inoqhwithela,

19nenzwinini yexilongo, nokuzongoma kwelizwi elabatsho bonke abalivayo bathi makungabi saphindwa kuthethwe nabo.

20Kaloku barhwaqeliswa ngumyalelo othi: "Nesilwanyana esithe sasondela apho entabeni masikhandwe ngamatye sife."

[21] Aquelas cenas foram tão terríveis que até Moisés exclamou: "Estou aterrorizado e trêmulo!"

[22] Mas tendes chegado ao monte Sião, à cidade do Deus vivo, à Jerusalém celestial, à jubilosa reunião dos milhares de milhares de anjos,

[23] à igreja dos primogênitos, cujos nomes estão escritos nos céus, a Deus, o juiz de toda a humanidade, aos espíritos dos justos agora perfeitos,

[24] a Jesus, mediador de uma nova aliança, e ao sangue aspergido, que se expressa com mais veemência do que o sangue de Abel.

[25] Cuidado! Não rejeiteis Aquele que fala. Pois, se não escaparam os que rejeitaram quem os advertia sobre a terra, muito mais nós, se desprezarmos Aquele que nos admoesta dos céus.

[26] Aquele, cuja voz outrora abalou a terra, agora promete: "Ainda uma vez abalarei não somente a terra, mas de igual modo todo o céu".

[27] Ora, esta frase "Ainda uma vez" indica a remoção de coisas que podem ser abaladas, isto é, as coisas criadas, para que permaneça o que não pode ser abalado.

[28] Portanto, já que estamos herdando um Reino inabalável, sejamos agradecidos e, desse modo, adoremos a Deus, com uma

[21]Lo mbono wawusoyikeka kangangokuba uMosis wavakala esithi: "Andoyiki ndiyagubha!"

[22]Hayi kaloku, nina niphambi kwentaba iZiyon, nomzi kaThixo ophilayo, iJerusalem yaphezulu enamawaka-waka ezithunywa zezulu. Nifikile kwitheko

[23]leenginginya yeendlalifa zikaThixo ezingabemi baphezulu. Ewe, niphambi koThixo ongumgwebi wabo bonke, naphambi koomoya bamalungisa asulungekileyo.

[24]Nifikile kuYesu unozakuzaku womnqophiso omtsha. Ukuchitheka kwelakhe igazi kusiphathele izinto ezinkulu kunelika-Abheli.

[25]Ngoko ke sanukuba neenkani: phulaphulani xa athethayo. Abo babeneenkani, bangazange baliphulaphule ilizwi elalibalumkisa emhlabeni, abasindanga esohlwayweni. Ngokungakumbi ke nathi asiyi kusinda ukuba sineenkani, asiliphulaphuli ilizwi lalowo usilumkisayo ezulwini.

[26]Kambe ke ngelo xesha ilizwi lakhe lawugungqisa umhlaba, kodwa ngoku uthembise wathi: "Ndiya kuphinda, phofu ndingagungqisi umhlaba wodwa, koko nezulu ngenkqu."

[27]La mazwi athi "ndiya kuphinda" acacisa mhlophe ukuba izinto ezidaliweyo ziya kugungqiswa zisuswe, zize zithi izinto ezingagungqiyo zisale.

[28]Ngoko ke masitsho ngongazenzisiyo umbulelo kuThixo, kuba kaloku siphantsi kombuso ongagungqiyo. Masidomboze

atitude aceitável, com toda a reverência e temor,

[29] porque o nosso “Deus é fogo consumidor!”

Hebreus 13

[1] Seja incessante o amor fraternal.

[2] Não vos esqueçais de praticar a hospitalidade; pois agindo assim, mesmo sem perceber, alguns acolheram anjos.

[3] Lembrai-vos dos encarcerados, como se estivésseis aprisionados com eles; e todos aqueles que sofrem maus tratos, como se vós pessoalmente estivésseis sendo maltratados.

[4] Digno de honra seja o casamento entre todas as testemunhas, bem como a pureza do leito conjugal; porquanto, Deus julgará os imorais e adúlteros.

[5] Seja a vossa vida desprovida de avareza. Alegrai-vos com tudo o que possuís; porque Ele mesmo declarou: “Por motivo algum te abandonarei, nunca jamais te desampararei”.

[6] Por essa razão, podemos afirmar com toda a segurança: “O Senhor é o meu Ajudador, nada temerei. O que poderá fazer contra mim o ser humano?”

[7] Lembrai-vos dos vossos líderes, que vos ensinaram a Palavra de Deus; observando-lhes atentamente o resultado da vida que tiveram, imitai-lhes a fé.

[8] Jesus Cristo é o mesmo, ontem, hoje e eternamente!

simnqule ngendlela eya kumkholisa uThixo, simhlonela sinoloyiko.

[29]Kaloku uThixo wethu ngumlilo olenyayo.

KumaHebhere 13

Iziyalo nezilumkiso

[1]Hlalani nithandana okwabantu abazalanayo.

[2]Zenzeleni ububele emakhaya iindwendwe. Ngokwenjenjalo abanye abantu kwathi kanti babuka izithunywa zezulu bengaqondi.

[3]Wacingeni amabanjwa njengokungathi nani nibanjwe kunye nawo. Bacingeni nabo baphethwe kakubi ngokungathi nini abo banjalo.

[4]Umtshato uxabisekile; mawuxatyiswe nguye wonke ubani. Amadoda nabafazi mabanyaniseke omnye komnye, bangasixabheli isilili sabo. Ingqumbo kaThixo ijinga phezu kwabo bakrexezayo kwakunye nabo barheletyayo.

[5]Musani ukuba ngamathandamali. Yanelani yinto eninayo. Kaloku uThixo uthi: “Andiyi kukuyekela; ndingayi kukufulathela.”

[6]Masitsho singenadyudyu ke sithi: “YiNkosi umncedi wam, andiyi koyika nto! Angandenza ntoni umntu?”

[7]Khumbulani iinkokheli zenu zamandulo, ezanixelela ngodaba lukaThixo. Cingani ngobomi bazo nempumelelo yemigudu yazo, nilinganise ukholo lwazo.

[8]UYesu Krestu lo wayizolo, usekwanguye nanamhla, nangomso, nanini nanini.

[9] Não vos deixes influenciar pelas várias doutrinas heréticas. Porque o mais importante é fortalecer o coração pela graça, e não por alimentos cerimoniais, os quais não podem produzir qualquer benefício real para aqueles que neles confiam.

[10] Nós possuímos um altar do qual não têm direito de comer os que ministram no tabernáculo.

[11] O sumo sacerdote leva sangue de animais até o Santo dos Santos, como oferta pelo pecado, mas os corpos dos animais são queimados fora do acampamento.

[12] Por isso, para santificar o povo por intermédio do seu sangue, Jesus igualmente sofreu fora da porta da cidade.

[13] Saiamos, portanto, ao encontro dele, fora do acampamento, levando conosco a mesma humilhação que Ele suportou.

[14] Pois não temos na terra nenhuma cidade permanente, mas buscamos a que há de vir.

[15] Sendo assim, por intermédio dele, ofereçamos continuamente a Deus um sacrifício de louvor, que é o fruto de lábios que confessam o seu Nome.

[16] De igual modo, não negligencieis a contínua prática do bem e a mútua cooperação; pois é desses sacrifícios que Deus muito se alegra.

[17] Sede obedientes aos vossos líderes espirituais e submissos à autoridade que exercem. Pois eles zelam por vós como quem deve prestar contas de seus atos; para que ministrem com alegria e não murmurando, porquanto desta maneira tal

[9]Nize ningakhukuliswa enyanisweni ziimfundiso ezingabhadlanga. Kulungile ukuba somelezwe lubabalo lukaThixo, yaye imithetho ngezinto emazityiwe nemazingatyiwa ayincedi nto, ayizange ibancede nabo bayigcinayo.

[10]Elethu iqonga lamadini linjengeliya ababingeleli bonqulo lwamaSirayeli babengenalungelo lakutya kulo.

[11]Njengoko nisazi, umbingeleli omkhulu ubengena negazi leenkomo neleebhokhwe kweyona ingcwele indawo, aze angxengxezele izono ngelo gazi. Kodwa inyama yazo yona ibitshiselwa ngaphandle.

[12]UYesu ke naye wafela ngaphandle kwamasango edolophu, khon' ukuze abangcwalise abantu ngegazi lakhe.

[13]Nathi ke ngoko masiye kuye ngaphandle, silixhamle ihlazo lakhe.

[14]Kaloku apha asinakhaya lisisigxina, koko sinxubele elizayo.

[15]Ngawo onke amaxesha masenze umbongo kuThixo, ube lidini esilinikela kuye ngoYesu, silivuma ngomlomo wethu igama lakhe.

[16]Masingaze siyeke ukwenzelana ububele, kuba leyo yeyona minikelo imkholisayo uThixo.

[17]Zithobeleni iinkokheli zenu, nizihloniphe, kuba azilali lixhala ngenxa yenu. Kaloku kufuneka zenze ingxelo yomsebenzi wazo kuThixo. Ke ukuba niyazihlonela, woba khaphukhaphu umsebenzi wazo. Kanti

ministério não seria proveitoso para vós outros.

[18] Orai por nós, pois temos certeza de caminhar com a consciência limpa, e desejamos viver de modo honrado em relação a todas as áreas da vida.

[19] Pessoalmente, rogo-vos com insistência que oreis para que eu vos seja restituído o mais depressa possível.

Votos e saudações finais

[20] Ora, o Deus da paz, que mediante o sangue da aliança eterna trouxe de volta dentre os mortos o nosso Senhor Jesus, o grande Pastor das ovelhas,

[21] ele mesmo vos aperfeiçoe em todo o bem a fim de que possais realizar a vontade dele, e opere em vós tudo quanto lhe é agradável, por intermédio de Jesus Cristo, a quem seja a glória para todo o sempre. Amém!

[22] Amados irmãos rogo-vos, igualmente, que aceiteis bem essa minha mensagem de encorajamento; porquanto vos escrevi de forma resumida.

[23] Desejo que saibais que o nosso irmão Timóteo foi posto em liberdade. Se ele chegar em breve, irei visitá-los em sua companhia.

[24] Saudai a todos os vossos líderes espirituais, bem como todos os demais santos. Os da Itália vos enviam fraternais saudações.

[25] A graça seja com todos vós!

ungaba nzima, ningancedeki nani, ukuba anizihloneli.

[18]Nam ndithandazeleni. Ndiqinisekile ukuba mna andinasazela nganto; kaloku ndisoloko ndinqwenela ukwenza okulungileyo maxa onke.

[19]Nditsho ngenene ukuba ze nindithandazele, ukuze uThixo andibuyisele kuni kamsinyane.

Umthandazo

[20]UThixo onika uxolo, owayivusa ekufeni iNkosi yethu uYesu Krestu, waba nguyena malusi womhlambi,

[21]ngokuphalala kwegazi lomnqophiso ongasoze utshitshe, wanga anganomeleza ekwenzeni okulungileyo, khon' ukuze niyifeze intando yakhe. Wanga angasenza loo nto athanda ukuba sibe yiyo ngoYesu Krestu. Makadunyiswe uYesu Krestu ngonaphakade kanaphakade! Amen.

Isiphetho

[22]Mawethu, ze niwanyamezele la mazwi enkuthazo. Kambe yileta emfutshane nje le.

[23]Umhlobo wethu uTimoti ukhululwe entolongweni. Ndiza kuza naye apho ukuba ukhawuleze wafika.

[24]Umbuliso kwiinkokheli zenu, nakulo lonke usapho lukaThixo. Amakholwa aseItali ayabulisa.

[25]Wanga uThixo anganenzela isisa nonke.

Tiago	EkaYakobi

Tiago 1

Prefácio e saudação

1 Tiago, servo de Deus e do Senhor Jesus Cristo, às doze tribos dispersas entre as nações: Saudações.

Acerca de provas e tentações

2 Meus amados irmãos, considerai motivo de júbilo o fato de passardes por diversas provações.

3 Porquanto sabeis que a prova da vossa fé produz ainda mais perseverança.

4 E a perseverança deve ter plena ação, a fim de que sejais aperfeiçoados e completos, sem que vos falte virtude alguma.

5 Se algum de vós tem falta de sabedoria, roga a Deus, que a todos concede liberalmente, com grande alegria.

6 Todavia, peça-a com fé, sem qualquer sombra de dúvida, pois quem crê com reservas é semelhante à onda do mar, agitada e levada pelos ventos.

7 Não imagine tal pessoa que assim receberá coisa alguma do Senhor,

8 pois é vacilante e inconstante em todos os seus caminhos.

9 Contudo, o irmão de condição humilde deve gloriar-se em sua dignidade.

10 O irmão rico deve orgulhar-se em sua pequenez, pois ele também "passará como a erva do campo".

11 Porque o sol se levanta com seu calor intenso e seca a planta; cai, então, a sua flor, e toda a sua beleza e glória desvanecem. Da

EkaYakobi 1

Isingeniso

1Kubhala mna Yakobi, isicaka sikaThixo neNkosi uYesu Krestu. Ndibulisa bonke abantu bakaThixo abathe saa kulo lonke elimiweyo.

Ukholo nobulumko

2Mawethu, zithatheni njengabantu abanethamsanqa, xa nifikelwa zizilingo ngezilingo.

3Kaloku isiqhamo sokumelana nezilingo ngokholo lunyamezelo.

4Kona ke ukunyamezela kuzala isimilo esicikidekileyo, nesingalambathi nganto.

5Ke ukuba kukho bani uswele ubulumko, makabucele kuThixo. UThixo onobubele nesisa kubo bonke abantu, womnika.

6Kodwa ke loo mntu makacele ekholwa, engathandabuzi konke. Kaloku umntu othandabuzayo ufana namaza alatyuziswa ngumoya elwandle.

7Umntu onjalo ke makangalindeli kwenzelwa nto yiNkosi.

8Kaloku umntu ongqondo ilala neli, ivuke neli, akaze abe nazigqibo nganto.

Ubuhlwempu nobutyebi

9Ikholwa elihlelelekileyo malivuye lakuphakanyiswa nguThixo.

10Nekholwa elimi kakuhle nalo malizidle lakuthotywa nguThixo. Kaloku kwanesinhanha esi sithi shwaka njengentyatyambo esendle.

11Yona ithi lakuvela ilanga liyigqatse, ibune, kuphele nokubukeka

mesma forma, o rico definhará em meio a seus muitos compromissos.

12 Feliz a pessoa que persevera na provação, porquanto, após ter sido aprovada, receberá o prêmio da coroa da vida, que Deus prometeu aos que o amam.

13 Entretanto, ninguém ao ser tentado deverá dizer: "Estou sendo tentado por Deus". Ora, Deus não pode ser tentado pelo mal, e a nenhuma pessoa tenta.

14 Cada um, porém, é tentado pelo próprio mau desejo, sendo por esse iludido e arrastado.

15 Em seguida, esse desejo, tendo concebido, faz nascer o pecado, e o pecado, após ter se consumado, gera a morte.

16 Meus amados irmãos, não vos permitais ser enganados.

17 Toda boa dádiva e todo dom perfeito vêm do alto, descendo do Pai das luzes, em quem não há oscilação como se vê nas nuvens inconstantes.

18 De acordo com a sua vontade, Ele nos gerou pela Palavra da verdade, a fim de sermos como que os primeiros frutos de toda a sua criação.

Sobre a prática da palavra de Deus

19 Assim, meus queridos irmãos, tende estes princípios em mente: Toda pessoa deve estar pronta para ouvir, mas tardio para falar e lento para se irar.

20 Porque a ira do ser humano não é capaz de produzir a justiça de Deus.

21 Portanto, livrando-vos de todo tipo de impureza moral e aparência de maldade, recebei humildemente a Palavra em vós

kwayo.Nesinhanha siya kutshabalala naso ngoku kanye sisaxakeke yimicimbi yaso.

Ukuvavanywa nokulingwa

12Unoyolo lowo uzinyamezelayo izilingo, kuba kaloku, lakudlula uvavanyo, uya kuzuza umvuzo obubomi uThixo abuthembise abo bamthandayo.

13Makungabikho mntu uthi ulukuhlwe nguThixo xa ahendwayo. UThixo akoyiswa bububi kaloku; yaye akalingi mntu yena.

14Isilingo sivela ngokuthi umntu alukuhlwe yiminqweno yakhe egwenxa.

15Loo minqweno yakhe ke iyakhawula, izale isono. Isono ke sona sithi sakuba nentshebe, sizale ukufa.

16Musan' ukuphazama, mawethu!

17Konke ukupha naso sonke isipho esifezekileyo sivela phezulu kuThixo, umdali wezikhanyiso zesibhakabhaka. Yena akaguqu-guquki aphinzi-phinzize.

18Wathi akuthanda uThixo wasizala ngokutsha ngelizwi lenyaniso, saza ke saba lulibo lwayo yonke indalo yakhe.

Ukuva nokwenza

19Khumbulani le nto, zihlobo zam: Wonke ubani makakhawuleze ukuva; kodwa makangakhawulezi ukuthetha, angakhawulezi nokucaphuka.

20Kaloku into umntu ayenza enomsindo ayinakwamkeleka kuThixo.

21Yahlukanani nemikhwa emibi nehambo engcolileyo. Mlulameleni uThixo, namkele ilizwi lakhe alifake kuni ezintliziyweni. Lilo elinamandla okunisindisa.

implantada, a qual é poderosa para salvar a vossa vida.

[22] Sede praticantes da Palavra e não simplesmente ouvintes, iludindo a vós mesmos.

[23] Porquanto, se alguém é ouvinte da Palavra e não praticante, é semelhante a um homem que contempla o próprio rosto no espelho;

[24] e, depois de admirar a si mesmo, sai e logo se esquece da sua aparência.

[25] Porém, a pessoa que observa atentamente a lei perfeita, a lei da liberdade, e nela persevera, não sendo ouvinte negligente, mas praticante zeloso, será muito feliz em tudo o que empreender.

[26] Se alguém se considera religioso, mas não refreia a sua língua, engana-se a si mesmo. Sua espiritualidade não tem valor real algum!

[27] A religião que Deus, o nosso Pai, aceita como sincera e imaculada é esta: cuidar dos órfãos e das viúvas em suas dificuldades e, especialmente, não se deixar corromper pelas filosofias mundanas.

Tiago 2

Condena-se o fazer acepção de pessoas

[1] Caros irmãos, como crentes em nosso glorioso Senhor Jesus Cristo, não façais acepção de pessoas, tratando-as com preconceito ou parcialidade.

[2] Se, por assim dizer, entrar na vossa sinagoga, algum homem com anéis de ouro nos dedos, trajando roupas caras, e, ao mesmo tempo, entrar uma pessoa pobre, vestindo roupas velhas e sujas,

[22]Musani ukuzikhohlisa ngokuliphulaphula nje qha ilizwi likaThixo. Endaweni yaloo nto nina yenzani oko likuthethayo.

[23]Lowo uliphulaphula nje kuphela elo lizwi, angenzi nto ngalo, ufana nomntu ozijonga esipilini, abubone ubuso bakhe.

[24]Loo mntu uzithi krwaqu nje, ahambe, aze kwangoko azilibale ukuba unjani na.

[25]Kodwa loo mntu uthi awucoselele ukuwugcina umthetho osinika inkululeko, lowo uthe rhoqo ukuhamba ngawo engaphulaphuli nje aze alibale, lowo wosikelelwa nguThixo ngokwenjenjalo.

[26]Ewe, umntu angázicingela ukuba ulikholwa; kodwa uyazikhohlisa ukuba akakwazi ukulawula ulwimi lwakhe. Ingamampunge nje into yokuba ulikholwa.

[27]Inkolo enyanisekileyo nengenachaphaza kuThixo uBawo yile: kukubonelela iinkedama nabahlolokazi abahluphekileyo, nokuphepha ukudyojwa lihlabathi.

EkaYakobi 2

Isilumkiso ngocalu-calulo

[1]Mawethu, njengoko nikholwa kuYesu Krestu iNkosi yethu enobungangamsha – ninomkhethe kodwa nina.

[2]Nakufikelwa ziindwendwe ezimbini endlwini yenkonzo, omnye enxibe kakuhle ehombe ngamaso egolide, omnye elihlwempu edlakazela,

[3] e tratardes com atenção especial ao homem bem trajado e o honrardes dizendo: "Eis aqui um lugar digno da tua pessoa. Assenta, pois", mas disserdes ao pobre: "Tu, podes ficar ali em pé!" ou "Assenta-te no chão, próximo ao estrado onde ponho os meus pés",

[3]nako ke nina nitatazela nilungiselela lo mfo ulinene, nimnika nesihlalo, nithi lona idlavu malime ngeenyawo okanye lihlale phantsi emhlabeni.

[4] não fizestes discriminação preconceituosa e vos tornastes como juízes que usam critérios perversos?

[4]Aniziqondi ke ukuba xa nenjenjalo nina ngenkqu nimbaxa, nilawulwa yimigaqo ephuthileyo?

[5] Ouvi, meus amados irmãos. Não escolheu Deus os que para o mundo são pobres, para serem ricos em fé e herdeiros do Reino que Ele prometeu aos que o amam?

[5]Mamelani apha ndinixelele, zihlobo zam. Andibi kanene uThixo amahlwempu la uwanyulele ukuba atyebe ngokholo, aze afumane isabelo kulawulo oluthenjiswa abo bamthandayo?

[6] Contudo, vós tendes menosprezado o pobre. E não são os ricos que vos oprimem? Não são eles que vos arrastam para os tribunais?

[6]Kodwa nina niwenza intlekisa amahlwempu! Kanene ngoobani abanicinezelayo? Asizozityebi? Andithi kanene zizo ezinirhuqela enkundleni yamatyala,

[7] Não são os ricos que blasfemam o bom nome que sobre vós foi invocado?

[7]zize zenyelise igama likaKrestu enibizwa ngalo?

[8] Se vós, entretanto, observais a Lei do Reino, como está registrada na Escritura e que ordena: "Amarás o teu próximo como a ti mesmo", então estareis agindo corretamente;

[8]Kodwa ukuba niyawuthobela umthetho weNkosi oseziBhalweni othi: "Mthande ummelwane wakho kanye ngale ndlela nawe uzithanda ngayo," noba niyakholisa.

[9] se, todavia, tratais as pessoas com parcialidade, estareis incorrendo em pecado e sereis condenados pela Lei como transgressores.

[9]Kodwa ukuba abantu niyabacalu-calula, noba netyala; nogwetywa njengezaphula-mthetho.

[10] Porquanto, quem obedece a toda a Lei, mas tropeça em apenas uma das suas ordenanças, torna-se culpado de quebrá-la integralmente.

[10]Lowo uwugcina wonke umthetho, aze aphule umyalelo omnye, unetyala lokuwaphula wonke.

[11] Pois Aquele que proclamou: "Não adulterarás", também ordenou: "Não

[11]Kaloku isekwanguloo mwisi-mthetho mnye lo uthi: "Ungakrexezi," kwanothi:

matarás". Ora, se não adulteras, porém cometes um assassinato, te tornaste da mesma forma, transgressor da Lei.

12 Falai e procedei com todos, como quem haverá de ser julgado pela lei da liberdade;

13 pois será exercido um juízo sem misericórdia sobre quem também não usou de compaixão. A graça triunfa sobre o juízo!

A fé sem obras para nada aproveita

14 De que adianta, meus caros irmãos, alguém proclamar sua fé, se não tem obras? Acaso essa fé pode salvá-lo?

15 Se um irmão ou uma irmã estiverem necessitados de roupa e passando privação do alimento de cada dia,

16 e qualquer dentre vós lhes disser: "Ide em paz, aquecei-vos e comei até satisfazer-vos", porém sem lhe dar alguma ajuda concreta, de que adianta isso?

17 Desse mesmo modo em relação a fé: por si só, se não for acompanhada de obras, está morta.

18 Entretanto, alguém poderá afirmar: "Tu tens fé, e eu tenho as obras; mostra-me tua fé sem obras, e eu te demonstrarei minha fé mediante as obras que realizo".

19 Crês, tu, na existência de um só Deus? Fazes bem! Até mesmo os demônios crêem e tremem!

"Ungabulali." Nokuba na akukrexezi, usisaphula-mthetho ukuba uyabulala.

12Intetho yenu nezenzo zenu mazibe zezabantu abalindele ukugwetywa kwangulo mthetho usikhululayo.

13Kaloku akayi kuba nanceba uThixo xa agweba umntu ongabanga nanceba. Kodwa yona inceba iyasongamela isigwebo.

Ukholo nemisebenzi

14Mawethu, kunceda ntoni ukuba athi umntu unokholo, zibe zona izenzo zakhe zingayingqini loo nto? Lunganceda ntoni olo kholo?

15Nanku umwethu, nanku nodade: bobabini bayadlakazela, bayalamba.

16Kunceda ntoni ukubasizela, nokubacebisa ngento yokwambatha nangokutya, ube ungenzi nto konke ngale meko yabo?

17Lunjalo ke ukholo olungaqhubeli mntu kwenzeni nto; luyinto nje efileyo.

18Ewe, ningatsho ukuthi omnye umntu unako ukuba nokholo, kanti nomnye unako ukwenza imisebenzi ethile. Kodwa ke mna ndithi ukuphendula: Khawundibonise ukuba ngaba lufezekile na olo kholo wena uthetha ngalo lungenamisebenzi lubonakala ngayo. Mna ndokubonisa ngemisebenzi ukholo endinalo.

19Ewe, unalo ukholo ngokwaneleyo, ngangokude ukholwe ukuba ukho uThixo, yaye mnye. Uyalungisa kanye ngaloo nto! Kodwa ke neendimoni zinalo ukholo

olukwanjalo phofu; lude luzinkwantyise kunjalonje.

[20] Queres pois, assegurar-te, ó homem insensato, de que a fé sem obras é de fato inútil?

[20]Akuqondi ke kodwa, sidengendini, ukuba ukholo olungangqinelwa zizenzo luphunzile?

[21] Ora, não foi Abraão, nosso pai na fé, justificado por obras, quando ofereceu seu próprio filho Isaque sobre o altar?

[21]Akuqondi na ukuba uAbraham ubawo wenziwa waba lilungisa nguThixo ngenxa yesenzo sokunikela uIsake unyana wakhe ukuba abe lidini?

[22] Vês dessa forma que tanto a fé como as obras estavam agindo juntas, e a fé foi aperfeiçoada pelas obras.

[22]Akuboni ukuba ngokwenjenjalo oku wayeqhutywa lukholo? Akuqondi ukuba ngesi senzo wangqina ukunyaniseka kokholo awayenalo?

[23] Cumpriu-se, assim, a Escritura que declara: "Abraão creu em Deus, e isso lhe foi creditado como justiça", e ele foi chamado amigo de Deus.

[23]Esi senzo sazalisekisa amazwi eziBhalo athi: "UAbraham wakholwa kuThixo, waza ngenxa yokholo wenziwa ilungisa." Kwenye indawo ubizwa ngokuba ngumhlobo kaThixo.

[24] Observais que uma pessoa é justificada por meio das suas ações, e não simplesmente por dizer que crê.

[24]Ùyaqonda ke ukuba umntu uba lilungisa ngenxa yezenzo kungekuko ngokholo lodwa?

[25] Exemplo semelhante é o de Raabe, a meretriz: não foi ela aceita por Deus pelas obras, quando acolheu os mensageiros de Israel e os conduziu à liberdade por um outro caminho?

[25]Nehenyukazi uRahabhi, andithi kanene naye waba lilungisa ngenxa yesenzo sakhe sokwamkela iintlola, wazizimelisa zasaba ngandlela yimbi?

[26] Portanto, assim como o corpo sem espírito está morto, da mesma forma a fé sem obras está morta.

[26]Njengoko ufile umzimba xa umphefumlo uphumile, ngokunjalo nokholo olungangqinelwa zizenzo lufana nesidumbu, lufile.

Tiago 3

Sobre o tropeço na palavra

[1] Caros irmãos, não vos torneis muitos de vós mestres, porquanto sabeis que nós, os que ensinamos, seremos julgados com maior rigor.

EkaYakobi 3

Ulwimi

[1]Mawethu, musani ukugagamela nifune ukufundisa nonke. Kaloku niyazi ukuba thina sifundisayo siya kugwetywa ngqongqo kunabanye.

[2] Afinal, todos tropeçamos de muitas maneiras. Se alguém não peca no falar, tal pessoa é perfeita, sendo igualmente capaz de dominar seu próprio corpo.

[3] Ora, ao colocarmos freios na boca dos cavalos, para que eles nos obedeçam, conseguimos controlar o animal todo.

[4] Observai, por exemplo, os navios: embora sejam de grande porte e impelidos por fortes ventos, são dirigidos por um leme muito pequeno, de acordo com a vontade do piloto.

[5] Do mesmo modo a língua é um pequeno órgão do corpo, no entanto se vangloria de grandes realizações. Vede como um bosque imenso pode ser incendiado apenas por uma fagulha.

[6] Semelhantemente, a língua é fogo; é um mundo de iniquidade; a língua está localizada entre os órgãos do nosso corpo, e pode contaminar a pessoa por inteiro, e não somente põe completamente em chamas o curso da nossa existência, como acaba, ela mesma, incendiada pelo inferno.

[7] Pois toda espécie de feras, aves, répteis e criaturas marinhas é possível domar e, de fato, tem sido domada pelos seres humanos;

[8] a língua, contudo, nenhuma pessoa consegue dominar. É um mal incontrolável, cheia de veneno mortal.

[9] Com a língua bendizemos o Senhor e Pai, porém com ela amaldiçoamos nossos semelhantes, criados à imagem de Deus.

[2]Sonke ngabanye siyayenza impazamo amaxesha ngamaxesha. Ke yena umntu ongaphazamiyo ekuthetheni ugqibelele, uyakwazi ukuzilawula ngokupheleleyo.

[3]Kaloku ihashe silifaka umkhala, ukuze lisilulamele, sikwazi ukulilawula ngokupheleleyo.

[4]Okanye khanicinge ngenqanawa, inkulu injalo, noba ngade ityhalwe yimimoya emikhulu, kodwa ilawulwa ngentongana nje encinci, ize iye apho athanda ukuba iye khona umqhubi.

[5]Lukwanjalo ke nalo ulwimi, nakuba luluncinci kangaka nje – luyagwagwisa kakhulu. Mhlawumbi makhe senze umzekelo ngehlathi: noba selilikhulu kangakanani na lingátshiswa yintlantsana nje yomlilo.

[6]Nalo ke ulwimi lufana nqwa nomlilo; lululwandle lobubi. Lulelinye lamalungu omzimba wethu nje luphembelela ububi kubume bethu buphela. Ubomi bethu buphela libuntumeka ngomlilo eliwuthatha esihogweni.

[7]Uluntu luyakwazi ukuzilulamisa zonke iintlobo zezidalwa – ezizitho zine kwaneentaka, ezirhubuluzayo kwanezaselwandle – yaye lukholisile ukwenjenjalo.

[8]Kodwa akukho mntu ukwaziyo ukululawula ulwimi. Luyinkathazo engalawulekiyo, futhi luyityhefu.

[9]Sisebenzisa lona xa sibonga sibulela iNkosi uTata wethu, ukanti sibaqalekisa kwangalo nabantu abadalwe bafuza uThixo.

[10] Da mesma boca procedem bênção e maldição. Meus queridos irmãos, isso não está certo!

[11] Acaso pode, uma mesma fonte, jorrar água potável e água salobre?

[12] Ora, meus irmãos, é possível que uma figueira produza azeitonas ou uma videira, figos? Assim, também, uma fonte de água salgada não pode jorrar água doce.

[13] Quem, dentre vós, é sábio e tem verdadeiro entendimento? Que o demonstre por seu bom proceder cotidiano, mediante obras praticadas com humildade que têm origem na sabedoria.

[14] No entanto, se abrigas em vosso coração inveja, amargura e ambição egoísta, não vos orgulheis disso, nem procureis negar a verdade.

[15] Porquanto, esse tipo de sabedoria não vem dos céus, mas é terrena; não é celestial, mas demoníaca.

[16] Pois, onde existe inveja e rivalidade, aí há confusão e todo tipo de atitudes maléficas.

[17] Porém, a sabedoria que vem do alto é antes de tudo pura, repleta de misericórdia e de bons frutos, imparcial e sem hipocrisia.

[18] Ora, a justiça é a colheita produzida por aqueles que semeiam a paz.

Tiago 4

Devemos resistir às paixões

[10]Imibulelo neziqalekiso zimpompoza mlonyeni mnye. Mawethu, mayingenzeki le nto!

[11]Kaloku akwenzeki ukuba kumpompoze amanzi amnandi namtyuba mthonjeni mnye.

[12]Mawethu, umkhiwane awukwazi kaloku ukuvelisa umnquma, nomdiliya awunako ukuvelisa amakhiwane. Ngokunjalo akukho mthombo unako ukuvelisa amanzi amtyuba namnandi.

Ubulumko obuvela phezulu

[13]Ukuba bakho abantu abalumkileyo nabaqondayo phakathi kwenu, loo nto mabayibonakalise ngobomi obumsulwa, nangezenzo zentobeko nobulumko.

[14]Kodwa ke ukuba ninomona nolunya nizicingela, sanukuzigwagwisa nigqume inyaniso ngobuxoki.

[15]Obu bulumko abuveli phezulu, koko bobehlabathi, bobeenkanuko, bobukaSathana.

[16]Ke apho kukho umona nokuzigwagwisa kuba nguqulukubhode nazo zonke iintlobo zeentlondi.

[17]Kodwa ke bona ubulumko obuvela phezulu bumsulwa; bunolungelelwano, nobubele, buyazelelela. Bona bunovelwano, yaye buvelisa imisebenzi emihle; abunamkhethe naluhanahaniso.

[18]Ke bona abahlwayeli boxolo abaseluxolweni bavuna ubulungisa.

EkaYakobi 4

Ingozi yokuhlobana nehlabathi

[1] De onde vêm as batalhas e os desentendimentos que há entre vós? De onde, senão das paixões que guerreiam dentro de vós.

[1]Yintoni edala iimfazwe neengxabano apha phakathi kwenu? Ngokuqinisekileyo zivela kwiinkanuko zenu ezisoloko zisenza imizabalazo ngaphakathi kwenu.

[2] Cobiçais e nada tendes. Matais e invejais, porém não conseguis obter o que desejais; viveis a brigar e a promover contendas. Todavia, nada conquistais, porque não pedis.

[2]Xa ungazifumani izinto ozifunayo, ukhetha ukubulala; okanye xa ungafezeki umnqweno wakho, uyaxabana ulwe. Kanti ke, ungazifumani nje izinto ozifunayo, kungenxa yokuba awuziceli kuThixo.

[3] E quando pedis não recebeis, porquanto pedis com a motivação errada, simplesmente para esbanjardes em vossos prazeres.

[3]Noba sowude wathandaza ucela, awuzuzi, kuba kaloku iinjongo zakho zimbi, ufuna nje ukufezekisa iinkanuko zakho.

[4] Adúlteros! Ou não estais cientes de que a amizade com o mundo é inimizade contra Deus? Ora, quem quer ser amigo do mundo torna-se inimigo de Deus.

[4]Bantundini abangathembekanga, anazi kakade ukuba ngokuhlobana neli hlabathi nizenza iintshaba zikaThixo? Ewe, nabani na okhetha ukuvana neli hlabathi ulutshaba lukaThixo.

[5] Ou imaginais que é sem razão que a Escritura afirma que o Espírito que Ele fez habitar em nós zela com ciúmes dos seus?

[5]Mhlawumbi ngaba nicinga ukuba iziBhalo ziyalavuza xa zisithi: “UMoya esimnikiweyo uyakhweleta”?

[6] Todavia, Ele nos outorga graça ainda maior. Por isso, declara a Escritura: “Deus se opõe aos arrogantes, mas concede graça aos humildes”.

[6]Kodwa ke sona isisa asinika sona uThixo singaphezulu. Zitsho neziBhalo ukuthi: “UThixo uyabachasa abanekratshi, kodwa unesisa kwabathobekileyo.”

[7] Portanto, sujeitai-vos a Deus. Resisti ao Diabo, e ele fugirá de vós!

[7]Ngoko ke zinikeleni ngokupheleleyo kuThixo. Mchaseni uSathana azokunibaleka.

[8] Achegai-vos a Deus, e Ele acolherá a todos vós! Pecadores, limpai as vossas mãos, e vós que tendes a mente dividida pelas paixões, purificai o coração,

[8]Sondelani kuThixo naye azokusondela kuni. Hlambani izandla zenu, nina bonindini! Nizenze nyulu iintliziyo zenu, nina bahanahanisi!

[9] entristecei-vos, arrependei e chorai. Abandonai o riso fácil e pranteai, trocai a vossa euforia pelo pesar.

[9]Yibani lusizi nilile nintywizise! Ukuhleka makujike kube ziinyembezi, uvuyo lube lusizi!

[10] Humilhai-vos na presença do Senhor, e Ele vos exaltará!

[10]Ukuba niyazithoba kuye uThixo, uya kuniphakamisa.

[11] Caros irmãos, não faleis mal uns dos outros. Quem se põe a falar contra algum irmão ou passa a julgar o seu irmão, acaba protestando contra a Lei e a julga também. Ora, se passas a julgar a Lei, cessas de obedecê-la e assumis a posição de juiz.

[12] Um só é o Legislador e Juiz, Aquele que pode salvar e aniquilar. Tu, no entanto, quem és, para julgar o teu semelhante?

A falibilidade dos projetos humanos

[13] Agora, prestai atenção, vós que aclamais: "Hoje ou amanhã iremos a tal cidade, lá nos estabeleceremos por um ano, negociaremos e obteremos grande lucro".

[14] Contudo, vós não tendes o poder de saber o que acontecerá no dia de amanhã. Que é a vossa vida? Sois, simplesmente, como a neblina que aparece por algum tempo e logo se dissipa.

[15] Em vez disso, devíeis afirmar: "Se o Senhor quiser, viveremos e faremos isto ou aquilo".

[16] Entretanto, estais agora vos orgulhando das vossas capacidades. E toda vanglória como essa é maligna.

[17] Refleti sobre isto, pois: Quem sabe que deve fazer o bem e não o faz, comete pecado.

Tiago 5

Condenação dos ricos opressores

[1] E agora, prestai atenção, vós, os ricos! Chorai e arrependei-vos, porquanto desgraças haverão de cair sobre vós.

Isilumkiso ngokugxekana

[11]Mawethu, musani ukugxekana. Nabani na oligxekayo okanye aligwebe elinye ikholwa, ugxeka ugweba umthetho. Ukuba ke uyawugxeka umthetho, akuwuthobeli, koko ungumgwebi wawo.

[12]NguThixo kuphela umniki-mthetho nomgwebi. Nguye kuphela onelungelo lokusindisa okanye atshabalalise. Kuxa ungubani ke wena ude ugwebe ummelwana wakho nje?

Isilumkiso ngokuqhayisa

[13]Makhe ndibhekise kuni nina bathi: "Namhlanje okanye ngomso siya kuya kwidolophu ethile, sifike sihlale unyaka wonke, sirhwebe sizuze imali eninzi."

[14]Nithetha nje ningayazi into eniza kuba yiyo ngomso. Nifana nje nomfa-nkungu othi uvele umzuzwana nje uphinde uphele.

[15]Xa nithetha yithini: "INkosi ivuma, siya kwenza le naleya."

[16]Kodwa ke endaweni yokwenjenjalo nisuka nibe nekratshi, niqhayise; ibe ke ukuqhayisa yinto egwenxa.

[17]Phofu ke yena umntu ongayenziyo imfanelo yakhe nakuba eyazi, unetyala.

EkaYakobi 5

Isilumkiso kwizityebi

[1]Ngoku makhe ndibhekise kwabo bemi kakuhle, izityebi. Hlahlambani ningqukruleke ngenxa yeenzingo ezinizelayo!

[2] Vossas riquezas apodreceram, e vossas roupas finas desvaneceram, roídas pela traça.

[2]Kaloku ubutyebi benu buyangunda, neempahla zenu zityiwa ngamanundu.

[3] Vosso ouro e vossa prata, todos estão oxidados. E a ferrugem deles testemunhará contra vós e, assim como o fogo, vos devorará a carne. Tendes acumulado bens demais nestes últimos tempos.

[3]Igolide nesiliva yenu idliwa ngumhlwa. Ngulo mhlwa ke kanye obubungqina obunilahlayo, kuba uya kuyisuba njengomlilo inyama yenu. Kaloku nina nizifumbela ubutyebi ngoku sikwimihla yokugqibela.

[4] Eis que o salário dos trabalhadores que ceifaram os vossos campos e que vós, desonestamente, deixastes de pagar está clamando por justiça; e tais clamores chegaram aos ouvidos do Senhor dos Exércitos.

[4]Abasebenzi abalima amasimi enu anibahlawuli. Khanisive isikhalo sabo! Ewe, isililo sabavuni seside savakala nakuThixo, iNkosi uSomandla.

[5] Tendes vivido regaladamente sobre a terra, satisfazendo todos os vossos desejos, e tendes comido até vos fartardes, como em dias de festa.

[5]Kaloku obenu ubomi apha emhlabeni bubunewu-newu nobumnandi. Ewe, nizondle natyeba, kanti nizilungiselela umhla womgwebo.

[6] Condenais e matais o justo, sem que ele tenha vos oferecido qualquer resistência.

[6]Nimgwebile nambulala umntu ongenatyala. Kanti noko akaxhathisi.

Exortação à paciência. Acerca do juramento, da oração e da conversão de pecadores

Umonde nomthandazo

[7] Portanto, meus irmãos, sede pacientes até a vinda do Senhor. Observai como o lavrador aguarda o precioso fruto da terra, esperando com paciência, até que receba as primeiras chuvas de outono e as que encerram a primavera.

[7]Mawethu, yibani nomonde ide ifike iNkosi. Thathani umzekelo kumlimi: yena usilinda ngomonde isivuno asixabisileyo somhlaba wakhe. Ewe, yena uzilinda ngomonde iimvula zasentlakohlaza ngokunjalo nezasekwindla.

[8] Sede vós, igualmente, perseverantes. Fortalecei o vosso coração, porquanto a vinda do Senhor está próxima.

[8]Ngoko ke nani yibani nomonde, ningatyhafi; kaloku iMini yokufika kweNkosi ikufuphi.

[9] Irmãos, não vos queixeis uns dos outros, para que não sejais também assim julgados. Eis que o Juiz está às portas!

[9]Mawethu, musani ukukhalazelana ukuze ningagwetywa nguThixo. Ngenene yena uMgwebi usemnyango.

[10] Irmãos, tomai como exemplo de paciência e perseverança a atitude dos

[10]Nanku ke umzekelo, mawethu: ndixela abashumayeli bamandulo, abo babethetha egameni leNkosi. Bona mababe ngumzekelo

profetas, que pregaram em Nome do Senhor, diante do sofrimento.

[11] Eis que consideramos bem-aventurados todos quantos demonstraram fé ao atravessar muitas aflições. Tendes ouvido falar a respeito da paciência de Jó e bem sabeis que solução final o Senhor lhe providenciou. Ora, o Senhor é pleno de compaixão e misericórdia.

[12] Contudo, meus queridos irmãos; não jureis, nem pelo céu, nem pela terra, tampouco façais qualquer outro juramento. Seja suficiente a vossa palavra; sendo sim, que seja sim; quando não, não. Procedei assim para não cairdes em condenação.

[13] Está alguém entre vós sofrendo? Faça oração. Há alguém encorajado entre vós? Cante louvores.

[14] Algum de vós está doente? Chame os presbíteros da igreja, a fim de que estes orem sobre a pessoa enferma, ungindo-a com óleo em o Nome do Senhor;

[15] e a oração, feita com fé, curará o doente, e o Senhor o levantará. E se houver cometido pecados, será perdoado.

[16] Portanto, confessai vossos pecados uns aos outros e orai uns pelos outros para serdes curados. A súplica de uma pessoa justa é muito poderosa e eficaz.

[17] Elias era uma pessoa frágil como nós. Ele orou fervorosamente, rogando para que não chovesse, e não choveu sobre a terra durante três anos e meio.

[18] Então, fez outra oração, e os céus derramaram suas chuvas e a terra produziu seus frutos.

wenu wokunyamezela ngomonde naxa kunzima.

[11]Ewe, sithi banoyolo abo banyamezelayo. Seniyivile indlela awayenomonde ngayo uYobi; niyayazi indlela eyambuyekeza ngayo iNkosi. Kaloku iNkosi inenceba novelwano.

[12]Ngaphezu koko ke, mawethu, musani ukufunga xa nisenza isithembiso; nditsho nangezulu, umhlaba, nangantoni na. Xa nivuma yithini: “Ewe,” nithi: “Hayi,” xa nisala, kube kuphela, ukuze ningabi sesichengeni sokugwetywa.

[13]Ukuba kukho umntu osenkathazweni, makathandaze. Ukanti xa umntu evuya, makahlabele ingoma adumise.

[14]Xa umntu egula, makabize amadoda amakhulu ebandla; wona aya kumthandazela, amthambise ngeoyile egameni leNkosi.

[15]Lo mthandazo uphuma elukholweni uya kumnyanga umntu ogulayo, iNkosi imbuyisele empilweni, zithi nezono azenzileyo zixolelwe.

[16]Ngoko ke zivumeni izono omnye komnye, nithandazelane, khon' ukuze ninyangeke. Kaloku umthandazo womntu olungileyo unamandla angummangaliso.

[17]Ewe, uEliya wayengumntu efana nathi. Kodwa wathandaza ngokuzimisela ukuba ingani imvula, ngenene labalela iminyaka emithathu enesiqingatha.

[18]Waphinda wathandaza, saza isibhakabhaka sayithoba imvula, lachuma ilizwe.

[19] Queridos irmãos, se algum de vós se desviar da verdade e alguém o reconduzir a ela,
[20] lembrai-vos disto: quem ajudar um pecador a se arrepender do seu mau caminho salvará da morte essa alma e contribuirá para o perdão de uma grande multidão de pecados.

[19]Mawethu, ukuba omnye wenu ulahlekile waphuma enyanisweni, waza omnye umntu wambuyisa,

[20]qinisekani ngale ndawo: Nabani na oguqula umoni olahlekayo usindise umphefumlo ekufeni, watsho kwaxolelwa izono ezininzi.

1 Pedro	1 KaPetros

1 Pedro 1

Prefácio e saudação

1 Pedro, apóstolo de Jesus Cristo, aos eleitos de Deus, peregrinos dispersos nas regiões do Ponto, Galácia, Capadócia, província da Ásia e na Bitínia,

2 escolhidos em conformidade com a presciência de Deus Pai, pela obra santificadora do Espírito, para a obediência e a aspersão do sangue de Jesus Cristo, graça e paz vos sejam multiplicadas.

Ação de graças pela esperança da salvação

3 Bendito seja o Deus e Pai de nosso Senhor Jesus Cristo! Porque, de acordo com sua extraordinária misericórdia, nos regenerou para uma viva esperança, por intermédio da ressurreição de Jesus Cristo dentre os mortos,

4 para uma aliança que jamais se extinguirá, nem tampouco será desonrada ou perderá seu valor. Herança preservada nos céus para vós,

5 que sois protegidos pelo poder de Deus, por meio da fé, até a chegada da Salvação prestes a ser plenamente revelada no final dos tempos.

6 Portanto, nesta verdade, exultais! Mesmo considerando que agora, e por algum tempo ainda, tenhais de ser afligidos por toda espécie de provação.

7 Assim acontecerá para que a sinceridade da vossa fé seja atestada, muito mais preciosa que o ouro que se corrompe, ainda

1 KaPetros 1

Isingeniso

1 Kubhala mna Petros, umthunywa kaYesu Krestu. Ndibhalela nina bantu bayimilowo yakwaThixo eniziimbacu ezithe saa kumaphondo asePonto, eGalati, eKapadoki, eAsiya, naseBhitini.

2 Nakhethwa kwangaphambili ngokwentando kaThixo, nenziwa imilowo ngoMoya oyiNgcwele, ukuze nilulamele uYesu, nitshizwe ngegazi lakhe. Nanga ke ningenzelwa isisa niphiwe uxolo ngakumbi nangakumbi.

Ithemba elingagungqiyo

3 Makabongwe uThixo noYise weNkosi yethu uYesu Krestu, othe ngenceba wasinika ubomi obutsha ngokuvusa uYesu Krestu ekufeni!

4 Kungenxa yaloo nto ke sinethemba elingagungqiyo nje, sihleli silinde ilifa leentsikelelo asigcinele zona uThixo. Azinakubola ezo ntsikelelo, azinakonakala, azinako nokutshitsha.

5 Wonilondoloza uThixo ngamandla akhe, ngenxa yokholo eninalo, kude kufike loo nkululeko beniyilungiselelwe.

6 Ngenxa yaloo nto ke vuyani, naxa phofu okwangoku ninyanzelekile ukuba nibe lusizi ngenxa yeentlupheko enizithweleyo.

7 Ezo ntlupheko zicikida ukholo lwenu, lucace into oluyiyo. Negolide le iyinto etshabalalayo, iyacikidwa ngomlilo. Nalo ke

que refinado pelo fogo, resultando em louvor, glória e honra, quando Jesus Cristo for revelado.

[8] Pois, mesmo sem tê-lo visto, vós o amais; e ainda que não estejais podendo contemplar seu corpo neste momento, credes em sua pessoa e exultais com indescritível e glorioso júbilo.

[9] Porquanto, estais realizando o alvo da vossa fé: a Salvação de todo o vosso ser!

[10] Foi exatamente a respeito dessa Salvação que os profetas indagaram e examinaram, os quais profetizaram acerca da graça a vós outros destinada,

[11] buscando conhecer o tempo e as circunstâncias mais oportunas, indicadas pelo Espírito de Cristo, que neles estava, ao comunicar-lhes de antemão os sofrimentos que Cristo haveria de passar e as glórias que se seguiriam àquelas aflições.

[12] A eles foi predito que estavam ministrando não para si próprios, mas sim para vós, quando profetizaram as verdades que agora vos foram anunciadas por intermédio daqueles que vos pregaram o Evangelho mediante o Espírito Santo enviado dos céus, assuntos esses que até os anjos anseiam acompanhar minuciosamente.

Exortação à santidade

[13] Assim sendo, estai com a mente preparada, prontos para agir; alertas, depositai toda a vossa esperança na graça que vos será outorgada na plena revelação de Jesus Cristo.

ukholo lwenu oluxabiseke ngaphezu kwegolide lumelwe kukucikidwa, ukuze nibe nodumo, kwakunye newonga nesidima ngemini yokufika kukaYesu Krestu.

[8]Anikamboni nokumbona, kodwa niyamthanda. Niyakholwa nokukholwa kuye, naxa ningekamboni nje. Senizele naluchulumacho olungenakuchazwa,

[9]kuba seniyibona injongo yokholo lwenu; ndixela inkululeko yenu.

[10]Yile nkululeko kanye le babephengulula beyiphanda kunene abashumayeli bamandulo.

[11]Babethetha ngesisa eniya kusenzelwa nguThixo. Babezama ukuphononga ukuba zaziya kuhla nini na, njani na, ezo zigigaba. Kaloku uMoya kaKrestu wabatyhilela intlungu eyayiza kuhlela uKrestu ngeli thuba, newonga awayeza kulixhamla.

[12]Batyhilelwa ukuba ezo ndaba babezithetha ngezinto ngezinto, yayingezozabo, yayizezenu. Ezo ndaba ke zezi nizixelelwa ngabo bazivakalisayo kuni ngoku iindaba ezimnandi ngamandla kaMoya oyiNgcwele owavela ezulwini. Nditsho nkqu nezithunywa zezulu ziyakunqwenela ukuziqonda ezo zinto.

Ziphatheni ngokwemilowo yakwaThixo

[13]Ngako ke finyezani umbhinqo, nibaze iingqondo, ningathembi nanye into ngaphandle kwesisa seentsikelelo eziza kuza noYesu ukufika kwakhe.

[14] Como filhos da obediência, não permitais que o mundo vos amolde às paixões que tínheis outrora, quando vivíeis na ignorância.

[14]Ziqheliseni ukululama, ningaziphathi ngendlela ebeniziphethe ngayo ngokuya beningekazi nto ngokholo.

[15] Porém, considerando a santidade daquele que vos convocou, tornai-vos, da mesma maneira, santos em todas as vossas atitudes.

[15]Kwinto yonke yibani ngcwele. Kaloku uThixo onibizileyo ungcwele.

[16] Porquanto, está escrito: “Sede santos, porque Eu Sou santo!”

[16]Kanti ke neziBhalo zitsho ukuthi: “Yibani ngcwele, ngokuba mna ndingcwele.”

[17] Ora, se invocais como Pai aquele que julga imparcialmente as obras de cada pessoa, procedei com sincero temor reverente durante a vossa jornada terrena.

[17]Xa nimnqula nithi uThixo nguBawo ongenamkhethe, ogweba lowo nalowo ngokwezenzo zakhe. Ngoko ke mnikeni imbeko lo gama nisesemhlabeni.

[18] Porquanto, estais cientes de que não foi mediante valores perecíveis como a prata e o ouro que fostes resgatados do vosso modo de vida vazio e sem sentido, legado por vossos antepassados.

[18]Khumbulani ixabiso enakhululwa ngalo kwintlalo ebingento yookhokho benu. Anihlawulelwanga nganto itshitshayo, ifana nesiliva negolide.

[19] Mas fostes resgatados pelo precioso sangue de Cristo, como de Cordeiro sem mácula ou defeito algum,

[19]Nahlawulelwa ngegazi elixabisekileyo leXhwane elinguKrestu ongenasisihla nasiphako.

[20] conhecido, de fato, antes da criação do mundo, porém revelado nestes últimos tempos em vosso favor.

[20]Wanyulwa nguThixo, lingekadalwa ihlabathi, wabonakala ngenxa yenu kule mihla yokugqibela.

[21] Por intermédio dele credes em Deus, que o ressuscitou dentre os mortos e o glorificou, de modo que a vossa fé e a esperança estão firmadas em Deus.

[21]Ke ngoku niyakholwa kuThixo ngenxa yakhe. Ke uThixo wamvusa ekufeni, wamnika iwonga, ukuze nijonge kuThixo ngethemba nangokholo.

[22] Considerando, pois, que tendes a vossa vida purificada pela obediência à Verdade que leva ao amor fraternal não fingido, amai uns aos outros de todo o coração.

[22]Njengoko ke nithe ngenxa yokululamela inyaniso nenziwa nyulu ukuze nithandane ngokwabazalanayo, thandanani ke ngoko ngokungazenzisiyo.

[23] Fostes regenerados não a partir de uma semente perecível, mas imperecível, por meio da Palavra de Deus, a qual é viva e operosa por toda a eternidade.

[23]Kaloku nizelwe ngelizwi likaThixo ophilayo, ongunaphakade, naba ngabantwana balowo ungasoze afe.

[24] Porquanto: “todo ser humano é como a relva e toda a sua glória, como a flor da relva; a relva murcha e cai a sua flor,

[25] mas a Palavra do Senhor permanece para sempre”. E essa é a Palavra que vos foi evangelizada.

1 Pedro 2

[1] Portanto, livrando-vos de toda malignidade e de todo engano, hipocrisia, inveja e toda espécie de maledicência,
[2] desejai o puro leite espiritual, como crianças recém-nascidas, a fim de crescerdes, por intermédio desse alimento para a Salvação,

[3] se é que já provastes que o Senhor é bom.

[4] Achegando-vos a Ele, a Pedra Viva, rejeitada pela humanidade, mas eleita e preciosa para Deus,
[5] vós também, como pedras vivas, sois edificados como Casa espiritual, com o propósito de serdes sacerdócio santo, oferecendo sacrifícios espirituais aceitáveis a Deus, por meio de Jesus Cristo.
[6] Porquanto, assim está registrado na Escritura: “Eis que ponho em Sião uma pedra angular, escolhida e preciosa, e aquele que nela deposita sua confiança jamais será envergonhado”.
[7] Assim sendo, para vós, os que credes, ela é preciosa, mas para os que não crêem, “a pedra que os construtores rejeitaram tornou-se a principal, a pedra angular”,

[24]Zitsho neziBhalo ukuthi: “Umntu unjengengca, nodumo lwakhe lunjengentyatyambo yengca. Iyabuna ingca, ivuthuluke intyatyambo,
[25]kodwa lona ilizwi leNkosi lihlala lihleli.” Elo lizwi ke lelo nalishunyayezwa ngeendaba ezimnandi.

1 KaPetros 2

Ilitye eliphilayo nesizwe esinyulu

[1]Ngoko ke yahlukanani nazo zonke ezi zinto: uchuku, inkohliso, ukuzenzisa, nomona, nako konke ukuphixanisa!
[2]Njengamakholwa aseziintsana langazelelani ubisi olungangxengwanga: ndixela ilizwi likaThixo eliya kunikhulisa nide nisindiswe.
[3]“Kaloku senibungcamle ububele beNkosi,” njengoko neziBhalo zisitsho kakade.
[4]Yizani eNkosini! Kaloku yona lilitye eliphilayo eladelwayo ngabantu; kambe ke lichongiwe, laye lixabisekile kuThixo.
[5]Yizani kaloku nani nibe ngamatye okwakha indlu kaMoya, khon' ukuze nibe ngababingeleli abanyulu bokwenza amadini kaMoya, amkelekileyo kuThixo ngenxa kaYesu Krestu.

[6]Kaloku iziBhalo zithi: “Ndikhethe ilitye elixabisekileyo. Lilitye lesiseko endilibeka eZiyon. Nabani na ozinikelayo kuye akayi kudana.”

[7]Kuni, nina bazinikeleyo, eli litye lixabisekile, kodwa kwabo bangakholwayo: “Kanye elo litye bâlideláyo abakhi suke laba lelona libalulekileyo lesiseko.”

[8] e, “pedra de tropeço e rocha que causa a queda”; porquanto, aqueles que não crêem tropeçam na Palavra, por serem desobedientes, todavia, para isso também foram destinados.

[8]Lona: “Lilitye elikhubekisayo, ulwalwa olutyibilikisayo.” Kaloku bayakhubeka kuba bengalithobeli ilizwi; phofu ke bamiselwe loo nto kakade.

[9] Porém, vós sois geração eleita, sacerdócio real, nação santa, povo de propriedade exclusiva de Deus, cujo propósito é proclamar as grandezas daquele que vos convocou das trevas para sua maravilhosa luz.

[9]Kambe ke nina niluhlanga olukhethekileyo, ababingeleli basebhotwe, isizwe esinyulu, imilowo yakwaThixo. UThixo unikhethele ukuze nivakalise isidima nesihomo sakhe. Kaloku wanibiza nisebumnyameni, wanizisa ekukhanyeni okumangalisayo.

[10] Vós, sim, que antes não éreis sequer povo; mas agora, sois o Povo de Deus; não tínheis recebido a misericórdia, contudo agora a recebestes.

[10]Ngoku nilusapho lukaThixo, nangona nanikade ningelulo; benikade nikude nenceba yakhe, kodwa ngoku niyifumene.

A boa conduta no meio dos pagãos. Submissão às autoridades

Isimilo somntu okholwayo

[11] Amados, exorto-vos como a peregrinos e estrangeiros a vos absterdes das paixões da carne, que batalham contra a alma.

[11]Ndiyanibongoza, zihlobo zam, kaloku niziimbacu nabaphambukeli kweli lizwe! Ngoko ke phikisanani nayo iminqweno yesimo senu esidala. Kaloku yona ilwa nani ziqu.

[12] Seja exemplar o vosso comportamento entre os gentios, para que naquilo que falam mal de vós, como se fôsseis pessoas que vivem praticando o que é mau, ao observarem as vossas boas obras, glorifiquem a Deus no dia em que receberem a sua revelação.

[12]Izimilo zenu mazibe zihle kangangokuba nabahedeni baniqonde ukuba aninabala. Xa kunjalo ke baya kuthi nokuba bayanityhola ngokungcola, babuye bavume ukuba nimsulwa. Ngaloo ndlela ke baya kumdumisa uThixo ngomhla wokufika kwakhe.

[13] Por causa do Senhor, submetei-vos a toda autoridade constituída entre os povos; seja ao rei, como principal monarca,

[13]Ngenxa yeNkosi wathobeleni onke amagunya akhoyo. Ukumkani mthobeleni njengowongamileyo,

[14] seja aos governantes, como por ele enviados, para punir os praticantes do mal e honrar os que fazem o bem.

[14]nerhuluneli njengomphathiswa wakhe wokohlwaya abonayo, ancome abo balungisayo.

[15] Porque a vontade de Deus é que praticando o bem, caleis a ignorância dos insensatos.

[16] Considerando que sois livres, não useis a liberdade como pretexto para fazer o que é mal, mas vivei como servos de Deus.

[17] Tratai todas as pessoas com a devida reverência: amai os irmãos, temei a Deus e honrai ao rei.

Os deveres dos servos cristãos

[18] Escravos, sujeitai-vos a vossos senhores com todo o respeito, não apenas aos bons e sensatos, mas também aos perversos.

[19] Pois é louvável que, por causa da sua consciência para com Deus, alguém suporte constrangimentos e sofra injustamente.

[20] Porquanto, que mérito há em ter de suportar castigos recebidos por que haveis praticado o mal? Entretanto, se suportais sofrimento quando fazeis o bem, isso é digno de louvor diante de Deus.

[21] Para essa obra fostes chamados, pois Cristo também sofreu por vós, legando-vos também este exemplo, a fim de que sigais os seus passos.

[22] “Ele não cometeu pecado algum, nem qualquer engano foi encontrado em sua boca.”

[23] Quando insultado, não revidava; quando sofria, não fazia ameaças, mas entregava-se Àquele que exerce plena justiça em seu juízo.

[15]Kaloku uThixo ufuna ukuba nithi ngenxa yezimilo ezihle nibatsho basikwe umlomo abo bangaqondiyo, ndawonye nezibhanxa.

[16]Ziphatheni njengabantu abakhululekileyo. Kambe ke inkululeko leyo mayingabi lokhusi lokungcola; koko ziphatheni njengezicaka zikaThixo.

[17]Hloniphani wonke umntu; wathandeni amakholwa, nimoyike uThixo, nimthobele osemagunyeni.

Umzekelo esiwunikwe nguKrestu

[18]Nina zicaka, bahlonipheni abo baniqeshileyo, nibathobele kangangoko. Le nto ke sanukuyenza kwabo banobubele nobuntu kuphela, koko yenzeni nakwabo bakhohlakeleyo.

[19]Kaloku uThixo uyamthamsanqelisa umntu onyamezela ingcinezelo engonanga, kuba elangazelela okuthandwa nguThixo.

[20]Ewe, kaloku umntu akafumani nqaku xa enyamezela isohlwayo ngenxa yesono asenzileyo. Kodwa ke ukuba ùnyamezela ukuphatheka kabuhlungu naxa ungenzanga bubi, uThixo ungakuwe.

[21]Kakade nabizelwa loo nto; kaloku uKrestu waphatheka kabuhlungu ngenxa yenu, waza ngaloo ndlela wanishiya nomzekelo, ukuze nina nihambe ekhondweni lakhe.

[22]Yena zange one, engazange wakhohlisa.

[23]Naxa wayengcikivwa wayengaphindisi angcikive. Ngexesha lokuphatheka kabuhlungu akazange aqalekise, koko imeko yakhe wayinikela kulowo ugweba ngobulungisa.

[24] Ele levou pessoalmente todos os nossos pecados em seu próprio corpo sobre o madeiro, a fim de que morrêssemos para os pecados e, então, pudéssemos viver para a justiça; por intermédio das suas feridas fostes curados.

[25] Afinal, vivíeis como ovelhas desgarradas, porém agora fostes convertidos ao Pastor e Bispo de vossas almas.

1 Pedro 3

Os deveres das mulheres e dos maridos cristãos

[1] Da mesma maneira, esposas, cada uma de vós, seja submissa a vosso próprio marido, com o propósito de que, se alguns deles ainda são contra a Palavra, sejam convertidos sem admoestações, mas pelo procedimento de sua esposa,

[2] testemunhando a vossa maneira de ser honesta e respeitosa.

[3] Portanto, o que vos torna belas e admiráveis não devem ser os enfeites exteriores, como as tranças do cabelo, as finas jóias de ouro ou o luxo dos vestidos.

[4] Pelo contrário, esteja em vosso ser interior, que não se desvanece, toda a beleza que se revela mediante um espírito amável e cordato, o que é de grande valor na presença de Deus.

[5] Porquanto, na antiguidade, era desse modo, que as santas mulheres que esperavam em Deus costumavam adornar-se. Elas eram dóceis cada qual para com seu próprio marido,

[6] como Sara, que obedecia a Abraão e o chamava senhor. Dela sois filhas, se praticardes o bem sem qualquer espécie de receio.

[24]Izono zethu wazithathela kuye siqu, waxhonywa nazo emnqamlezweni, khon' ukuze thina siyeke ukuphilela ukona, koko siphilele ukulungisa. Ninyangwe ngamanxeba akhe.

[25]Nanilahlekile njengeegusha, kambe ke ngoku nibuyiselwe kuMalusi wenu onikhathaleleyo.

1 KaPetros 3

Amakhosikazi namadoda awo

[1]Ngokukwanjalo ke amakhosikazi makawalulamele amadoda awo. Amanye amadoda angekakholwa, xa ebona ukuziphatha kakuhle kwamakhosikazi, angazibhaqa selekholwa engakhange awuvule umlomo wona amakhosikazi.

[2]Ukunyaniseka kwawo, nenzondelelo yawo, iya kuzibonakalisa.

[3]Musani ukuhombela ukubukwa ngokuluka iinwele, nitsho ngezacholo zegolide nempahla engayiwayo.

[4]Isihombo senu masibe sesangaphakathi, esingagugiyo. Umoya omhle wobulali yinto ayixabisileyo uThixo.

[5]Yayisisihombo samakhosikazi angcwele amandulo ke eso. Ayethembele kuThixo, elulamela amadoda awo.

[6]Wayenjalo uSara. Wayelulamela uAbraham esithi “mhlekazi” kuye. Niziintombi zakhe ke nina ukuba nenza okulungileyo ningenaxhala naloyiko.

7 Exatamente, da mesma maneira, vós maridos, vivei com vossas esposas a vida cotidiana do lar, com sabedoria, proporcionando honra à mulher como parte mais frágil e co-herdeira do dom da graça da vida, de forma que não sejam interrompidas as vossas orações.

O amor fraternal. A paciência na aflição, segundo o exemplo de Cristo

8 Concluindo, tende todos vós o mesmo modo de pensar, demonstrai compaixão e amor fraternal, sede misericordiosos e humildes,

9 não retribuindo mal com mal, tampouco ofensa com ofensa; ao contrário, abençoai; porquanto, foi justamente para esse propósito que fostes convocados, a fim de também receberdes bênção como herança.

10 Portanto, “quem quiser amar a vida e ver dias felizes, refreie a sua língua do mal e os seus lábios da falsidade;

11 afaste-se do mal e pratique o bem; busque a paz e nela persevere.

12 Porque os olhos do Senhor estão sobre os justos e seus ouvidos estão atentos às suas orações, entretanto, a face do Senhor volta-se contra os que praticam o mal”.

13 Ora, quem vos fará mal se sois zelosos do bem?

14 Todavia, ainda que venhais a sofrer porque viveis em justiça, sereis felizes. “Não vos atemorizeis, portanto, por causa de ameaças, nem mesmo vos alarmeis.”

15 Antes, reverenciai a Cristo como Senhor em vosso coração, estando sempre preparados para responder a qualquer

7Amadoda ngokunjalo makahlalisane kakuhle namakhosikazi awo. Naxa ingabantu ababuthathaka amakhosikazi la, makahlonitshwe; aziindlamafa zesisa sikaThixo ngokulinganayo namadoda. Xa nenjenjalo ke akukho nto iya kuwuphazamisa umthandazo wenu.

Ukutshutshiswa ngenxa yobulungisa

8Ndiphetha ngelithi: Velanani, nibe moya mnye. Thandanani, nenzelane ububele, nilulamelane.

9Ningakhuphani zixhiba, nigwexane. Ndaweni yaloo nto thethani ngobulali. Eyona nto nibizelwe yona yeyokuba nifumane ilifa leentsikelelo,

10nanjengoko zitshoyo iziBhalo ukuthi: “Lowo unga angabudla ubomi abe nenkqubela makazilumle ekuthetheni kakubi, ayeke ukuthetha ubuxoki.

11Makahlukane nobubi, enze okulungileyo; makaphuthume uxolo, ahlale kulo.

12Kaloku iNkosi iyawajonga amalungisa, iyiphulaphule imithandazo yawo. Kodwa iyabafulathela abenzi bobubi.”

13Ngubani onganenzakalisayo xa nisenza okulungileyo?

14Phofu ke, nokuba ningatshutshiswa ngenxa yokwenza okulungileyo, ikwalithamsanqa naloo nto. Ze ningoyiki nina, ningaxhali nokuxhala oku.

15Hlonelani iNkosi uKrestu ehleli kuni ngaphakathi, nihlale nilungele ukuphendula nabani na onibuza ngethemba eniqamele ngalo.

pessoa que vos questionar quanto à esperança que há em vós.

[16] Contudo, fazei isso com humildade e respeito, conservando boa consciência, de tal maneira que os que falam com malignidade contra o vosso bom comportamento, pelo fato de viverdes em Cristo, fiquem envergonhados de suas próprias calúnias.

[17] Porque é melhor sofrer por praticar o bem, se for da vontade de Deus, do que por fazer o mal.

[18] Pois Cristo também foi sacrificado uma única vez por nossos pecados, o Justo pelos injustos, com o propósito de conduzir-nos a Deus; morto, de fato, na carne, mas vivificado no Espírito,

[19] no qual igualmente foi e proclamou aos espíritos em prisão,

[20] os quais, na antiguidade, foram rebeldes, durante o tempo em que Deus, pacientemente, aguardava a construção da arca nos dias de Noé. Na arca, apenas algumas pessoas, a saber, oito, foram salvas por meio das águas,

[21] que, prefigurando o batismo, agora também vos salva, o qual não é a remoção das impurezas do corpo humano, mas sim o resultado de uma boa consciência para com Deus, por intermédio da ressurreição de Cristo;

[22] o qual, havendo subido ao céu, reina à direita de Deus; e a Ele estão sujeitos todos os anjos, autoridades e poderes.

1 Pedro 4

[16]Kodwa loo nto ze niyenze ngobulali nangembeko, ningenasazela nganto, ukuze nokuba niyanyenjwa, abo banihlebayo badane ngenxa yendlela eniziphethe ngayo ukulandela uKrestu.

[17]Kaloku kungcono ukutshutshiswa ngenxa yobulungisa, xa kuyintando kaThixo oko, kunokutshutshiselwa izenzo ezibi.

[18]Andithi noKrestu wafela izono zethu kwaba kanye qwaba! Yena elilungisa nje wafela thina boni, esisondeza kuThixo! Wabulawa, kodwa wavuka ngoMoya kaThixo,

[19]waza waya kushumayeza imiphefumlo eseluvalelweni.

[20]Abo ke ngabo bantu bangazange bamthobele uThixo naxa wayebanyamezele ngemihla kaNowa. Ngabantu abambalwa nje – isibhozo kuphela – abasindiswayo ngamanzi.

[21]Wona angumqondiso owalatha ubhaptizo olusindisa nina ngoku. Ubhaptizo alukuko ukuhlanjwa kokungcola komzimba, lusisithembiso esenziwa kuThixo ngomxhelo wonke. Lusindisa ngamandla okuvuka kukaKrestu

[22]owenyukela ezulwini, ohleli ewongeni ngakuThixo, elawula zonke izithunywa zezulu nooziphathamandla noomagunya bakhona.

1 KaPetros 4

Ubomi obutsha

[1] Ora, tendo Cristo padecido na carne, armai-vos vós igualmente desse mesmo pensamento; pois aquele que sofreu em seu corpo rompeu com o pecado,

[1]Njengoko noKrestu wamelanayo nale ntlupheko yalo mhlaba, ngokunjalo ke nani zimiseleni, nifuze yena. Kaloku umntu ocikidiweyo yintlupheko uyalumleka esonweni,

[2] para que, no tempo que lhe resta, não viva mais para satisfazer os maus desejos humanos, mas sim para realizar a vontade de Deus.

[2]aze athi ke ngexesha asenalo emhlabeni angaphileli ukwanelisa iminqweno yesimo esidala, koko aphilele ukwenza oko kuthandwa nguThixo.

[3] No passado, já despendestes tempo além do tolerável fazendo o que agrada aos pagãos. Naquela época, andáveis em libertinagem, na sensualidade, nas bebedeiras, orgias e farras, e nas idolatrias repulsivas.

[3]Ngoko ke lanele elaa xesha nilidlele ebuhedenini. Kaloku ngoko naningooandikhathali, nibawa, ninxila, nithanda iziyunguma; naningamakhoboka embarha; naninqula ngendlela elisikizi.

[4] Eles acham estranho que não vos juntais a eles na mesma correria desenfreada de licenciosidade, e, por isso, vos caluniam.

[4]Oontangandini ngoku bathe nqa kuba ningasahambi nabo kobo bundlobongela bokuzibhubhisa. Yiyo le nto baninyelisayo.

[5] Todavia, eles terão de prestar contas Àquele que está pronto para julgar os vivos e os mortos.

[5]Kambe ke baseza kunika ingxelo kulowo uhlalele ukugweba abahleliyo nabafileyo.

[6] Por esse motivo, o Evangelho foi pregado também a mortos, para que eles, mesmo julgados no corpo conforme a humanidade, vivam mediante o Espírito segundo Deus.

[6]Naso isizathu esabangela ukuba iindaba ezimnandi zishunyayelwe nakwabo bafileyo ngoku. Ewe, zashunyayelwa nakwabo babegwetyiwe njengamntu wonke, khon' ukuze ngokoMoya baphilele uThixo.

Ukusebenzisana

[7] Ora, está muito próximo o fim de todas as coisas; portanto, tende bom senso e vigiai em oração.

[7]Kuzo zonke izinto isiphelo sisemnyango. Ngoko ke hlalani nisezingqondweni, nikuqulele ukuthandaza.

[8] Antes de tudo, exercei profundo amor fraternal uns para com os outros, porquanto o amor cobre uma multidão de pecados.

[8]Ngaphezu koko ke hlalani nithandana, kuba kaloku uthando luyazingcwaba izono.

[9] Sede hospitaleiros uns para com os outros, sem vos queixar.

[9]Belezelanani ningenasikrokro.

[10] Servi uns aos outros de acordo com o dom que cada um recebeu, como bons

[10]Umntu onikwe isiphiwo esithile nguThixo makasisebenzise ekuncedeni abanye,

administradores da multiforme graça de Deus.

[11] Se algum irmão prega, fale como quem comunica a Palavra de Deus; se alguém serve, sirva conforme a força que Deus provê, de maneira que em todas as atitudes Deus seja glorificado mediante Jesus Cristo, a quem pertencem a glória e o pleno domínio por toda a eternidade. Amém!

[12] Amados, não vos assusteis com a provação que surge entre vós, como fogo ardente, com o objetivo de provar a vossa fé. Não entendais isso como se algo estranho vos estivesse acontecendo.

[13] Contudo, alegrai-vos por serdes participantes dos sofrimentos de Cristo, para que também vos alegreis e exulteis na revelação da sua glória.

[14] Se sois insultados por causa do nome de Cristo, bem-aventurados sois, porquanto sobre vós repousa o Espírito da glória, o Espírito de Deus.

[15] Mas nenhum de vós sofra como homicida, ladrão, praticante do mal, ou como quem se intromete em negócios alheios.

[16] Entretanto, se sofrer como cristão, não se envergonhe disso; antes, glorifique a Deus por meio desse nome.

[17] Pois chegou a hora de começar o julgamento pela casa de Deus; e, se começa primeiro conosco, qual será o fim daqueles que não obedecem ao Evangelho de Deus?

njengegosa lokwaba isisa sikaThixo esintlobo-ntlobo.

[11]Oshumayelayo makamele uThixo. Oncedisayo makancedise ngamandla awaphiwa nguThixo. Zonke izinto zenzeleni ukuze kunconywe uThixo ngenxa kaYesu Krestu. Kaloku sesakhe isidima namandla nanini nanini. Amen.

Ukutshutshiswa komKrestu

[12]Zihlobo zam, sanukumangaliswa yile ngcinezelo ingaka niphantsi kwayo, ngokungathi nibona umhlola.

[13]Ndaweni yaloo nto vuyani kuba nani ninenxaxheba kwingcinezelo kaKrestu; nto leyo iya kunenza nichulumache ngakumbi ngomhla wokubonakala kobungangamsha bakhe.

[14]Nithamsanqelekile ukuba niyathukwa ngenxa yokuba ningabakaKrestu. Kaloku loo nto icacisa ukuba uMoya osinika isidima, onguMoya kaThixo, unifukamele.

[15]Xa nibandezeleka makungabi ngenxa yobugwinta, ukûba, ubuqili, okanye ukuphixanisa.

[16]Kodwa ke ukuba umntu ubandezeleka kuba engumKrestu, makangabi nazintloni, koko makadumise uThixo ngenxa yelo gama.

[17]Kaloku lifikile ixesha lokuba umgwebo uqale; ibe ke uza kuqala endlwini kaThixo ngenkqu. Ukuba ke uqala kuthi, soba yintoni ke isiphelo sabo bangavumiyo ukuzithobela iindaba ezimnandi zikaThixo?

[18] E, “se é com dificuldade que o justo é salvo, que será do ímpio, o pecador?”

[19] Portanto, aqueles que padecem de acordo com a vontade de Deus devem confiar sua vida a seu fiel Criador e seguir praticando o bem.

1 Pedro 5

Os deveres dos anciãos e dos jovens. Humildade e vigilância

[1] Suplico, portanto, aos presbíteros que há entre vós, eu que sou também presbítero como eles, testemunha ocular dos sofrimentos de Cristo e, certamente, co-participante da glória que há de ser plenamente revelada:

[2] pastoreai o rebanho de Deus que está sob vosso cuidado, não por constrangimento, mas voluntariamente, como Deus quer; nem por sórdida ganância, mas de boa vontade;

[3] nem como ditadores daqueles que vos foram confiados, antes, tornando-vos exemplos do rebanho.

[4] Ora, assim que o Supremo Pastor se manifestar, recebereis a imperecível coroa da glória!

[5] Do mesmo modo, jovens, sede submissos aos mais velhos. E, todos vós, igualmente, tratai com humildade uns aos outros, porquanto, “Deus se opõe aos orgulhosos, mas concede graça aos humildes”.

[6] Sendo assim, humilhai-vos sob a poderosa mão de Deus, para que Ele vos exalte no tempo certo,

[18]Njengoko neziBhalo zisithi: “Nelungisa eli lisindiswa nzima. Kobeka phi ke kumqhankqalazi nomoni?”

[19]Ngoko ke abo babandezeleka kuba uThixo ethanda, mabazinikele ngokupheleleyo ngemisebenzi emihle kuMdali wabo, kuba usoloko ethembekile.

1 KaPetros 5

Umhlambi kaThixo

[1]Ke kaloku ndibhenela kumadoda amakhulu alapho phakathi kwenu. Nam kaloku ndikwayindoda enkulu; futhi ndikwalingqina ngeembandezelo zikaKrestu. Kambe ke ndinaso nesabelo kubuqaqawuli obuza kuvela.

[2]Waluseni umhlambi kaThixo eniphakathi kwawo. Lo msebenzi ke sanukuwenza kuba ninyanzelekile, koko wenzeni nizimisele, njengoko noThixo ethanda njalo. Sanukusebenza kuba nincwase inzuzo, koko sebenzani ngokuzinikela.

[3]Sanukulawula ngegqudu, koko yibani ngumzekelo kuwo umhlambi.

[4]Uya kuthi ke akufika uMalusi omkhulu, nizuze isithsaba esinesidima, esingasoze sitshitshe.

[5]Kwangaloo ndlela ke nani, bafana, walulameleni amadoda amakhulu. Xa ninonke ke ngoko yithani wambu ukuthobelana. Kaloku uThixo ubachasile abo banekratshi, kodwa unesisa kwabathobekileyo.

[6]Ngoko ke zithobeni phantsi kwesandla sikaThixo esinamandla; yena ke uya kuniphakamisa ngexesha elifanelekileyo.

[7] lançando sobre Ele toda a vossa ansiedade, porque Ele tem cuidado de vós!

[8] Sede sensatos e vigilantes. O Diabo, vosso inimigo, anda ao redor como leão, rugindo e procurando a quem devorar.

[9] Resisti-lhe, permanecendo firmes na fé, conscientes de que os irmãos que tendes em todo o mundo estão atravessando os mesmos sofrimentos.

Votos e saudações finais

[10] Ora, o Deus de toda a graça, que vos convocou à sua eterna glória em Cristo Jesus, logo depois de terdes sofrido por um período curto de tempo, vos restaurará, confirmará, concederá forças e vos estabelecerá sobre firmes alicerces.

[11] A Ele, portanto, seja o pleno domínio para todo o sempre. Amém!

[12] Com a cooperação de Silvano, a quem considero irmão fiel, eu vos escrevi resumidamente, encorajando-vos e testemunhando que esta é a verdadeira graça de Deus. Nela, pois, permanecei firmes!

[13] Aquela que está em Babilônia, igualmente eleita convosco, vos saúda, assim como Marcos, meu filho.

[14] Cumprimentai-vos uns aos outros com o beijo de santo amor fraternal. Paz a todos vós que estais vivendo em Cristo!

[7]Ziphoseni kuye zonke iingxaki zenu; kaloku nguye onalusayo.

[8]Hlalani nithe qwa, nilumke! Kaloku ummangaleli wenu umtyholi ugquma njengengonyama. Uyajikeleza; uzingela umntu angamqwengayo.

[9]Yimani ningahexi elukholweni, nimchase. Khumbulani ukuba namanye amakholwa athubeleza kwiimbandezelo ezikwanjalo apha emhlabeni.

[10]Kodwa ke, emva kwezo mbandezelo zomzuzwana, uThixo umthombo wesisa owanibizayo ngokumanywa kwenu noKrestu, khon' ukuze nibe nenxaxheba kubuqaqawuli bakhe obungapheliyo, uya kunihlaziya anomeleze, anixhobise, nime ngxishi.

[11]Kaloku akuye amandla ngoku nangonaphakade. Amen.

Isiphetho

[12]Ngoncedo lukaSilas, ikholwa elithembekileyo njengoko ndiqonda, ndinibhalele le ncwadana ndinikhuthaza. Ngokunjalo ndiyangqina ukuba esi sisisa sikaThixo ngenene. Ngoko ke yimani kuso ningahexi.

[13]Liyabulisa ibandla eliseBhabheli, nalo linyuliwe nguThixo njengani. Uyanibulisa nonyana wam uMarko.

[14]Bulisanani niqhutywa luthando. Makube luxolo kuni nonke nina bakaKrestu!

2 Pedro	2 KaPetros

2 Pedro 1

Prefácio e saudação

1 Simão Pedro, escravo e apóstolo de Jesus Cristo, aos irmãos que, mediante a justiça de nosso Deus e Salvador Jesus Cristo, receberam conosco uma fé igualmente valiosa:

2 Graça e paz vos sejam multiplicadas, no pleno conhecimento de Deus e de Jesus, nosso Senhor.

3 Seu divino poder nos concedeu tudo de que necessitamos para a vida e para a piedade, por intermédio do pleno conhecimento daquele que nos convocou para a sua própria glória e virtude,

4 pelas quais nos tem outorgado suas preciosas e grandiosas promessas, para que por elas vos torneis co-participantes da natureza divina, livrando-vos da corrupção das paixões que há no mundo.

5 Por isso mesmo, aplicando todo o vosso esforço, acrescentai a virtude à vossa fé e o conhecimento à virtude,

6 e o domínio próprio ao conhecimento, e a perseverança ao domínio próprio, e a piedade à perseverança,

7 e a fraternidade à piedade, e o amor à fraternidade.

8 Porquanto, se essas virtudes existirem e crescerem em vós, elas não vos deixarão ociosos nem tampouco infrutíferos no perfeito conhecimento de nosso Senhor Jesus Cristo.

2 KaPetros 1

Isingeniso

1Kubhala mna sicaka sikaYesu Krestu nomthunywa wakhe, uSimon Petros. Ndibhalela nina bathe ngenxa yobulungisa bukaThixo noMsindisi wethu uYesu Krestu nânokholo olunjengolwethu ukuxabiseka.

2Nanga ngenxa yokwazana kwenu noThixo kwakunye noYesu iNkosi yethu, ningenzelwa isisa, niphiwe noxolo ngakumbi nangakumbi.

Ukubizwa nokunyulwa nguThixo

3Ngamandla akhe uThixo usenzele zonke izinto eziyimfuneko ebomini, ukuze siziphathe ngokwentando yakhe; nokuze sazane nalowo usibizileyo, khon' ukuze sibuxhamle ubuqaqawuli nesidima sakhe.

4Ezi zipho zisisiqinisekiso sezinto ezinkulu nezimangalisayo asenzela zona: uThixo usenza sibe nenxaxheba kubomi bakhe, sikuphephe ukonakaliswa lihlabathi elikhohlakeleyo.

5Ngenxa yaloo nto ke kufuneka nenze unako-nako ukongezelela ukholo ngesidima, nesidima ngengqiqo,

6ingqiqo ngokuzeyisa, nokuzeyisa ngonyamezelo, unyamezelo ngembeko,

7nembeko ngokuhlobana, nokuhlobana ngokuthanda abantu bonke.

8Xa ninazo ngokwaneleyo, zisanda ngokwanda ezi zinto, zonenza nikhuthale nivelise neziqhamo, nazane nokwazana ngenene neNkosi yethu uYesu Krestu.

[9] Pois aquele em quem essas virtudes não habitam age como quem não pode ver ou enxerga somente o que está perto, tendo-se esquecido da purificação dos seus antigos pecados.

[9]Kaloku umntu ongenazo ezi mpawu, yimfama, ubona kufuphi, uyalibala nokuba izono zakhe zangaphambili sewazixolelwa.

[10] Portanto, irmãos, esforçai-vos com dedicação cada vez maior, confirmando o chamado e a eleição com que fostes contemplados, pois se agirdes desse modo, jamais abandonareis a fé.

[10]Ngoko ke, mawethu, kulangazeleleni ngakumbi ukuqinisekiswa kokubizwa nokunyulwa kwenu nguThixo. Kaloku ukuba niyayenza loo nto, aninakuze niwe konke.

[11] Pois dessa maneira é que vos será ricamente suprida a entrada no Reino eterno de nosso Senhor e Salvador Jesus Cristo.

[11]Leyo yindlela eniya kungena ngayo ekuxhamleni ubuncwane bokulawulwa amaxesha onke yiNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu.

[12] Por esse motivo, sempre cuidarei de vos lembrar destes princípios, se bem que estais bem inteirados deles, assim como estais solidamente firmados na Verdade que recebestes.

[12]Ngenxa yaloo nto ke, ndiya kusoloko ndinikhumbuza ezi zinto, naxa nizaziyo nje, nisekelwe ngokuthe nkqi enyaniswени leyo ninayo.

[13] Contudo, considero fundamental, enquanto estiver no tabernáculo deste corpo, despertar a vossa memória,

[13]Ndiba yimfanelo yam, lo gama ndisaphilayo, ukuba ndinikhwezele ngokumana ndinikhumbuza.

[14] porquanto, estou consciente de que em breve deixarei este tabernáculo, como nosso Senhor Jesus Cristo já me revelou.

[14]Kaloku ndiyazi ukuba sendiza kuwushiya lo mhlaba. Sele wandazisayo kaloku uYesu Krestu iNkosi.

[15] Todavia, tenho me empenhado para que, mesmo depois da minha partida, vos lembreis com clareza desses ensinos em toda e qualquer situação.

[15]Ndaye ndiza kwenza indlela yokuba nihlale nizikhumbula ezi zinto naxa ndingasekhoyo.

Amangqina awasibona ngamehlo isihomo sikaKrestu

[16] Porque não seguimos fábulas engenhosamente inventadas, quando vos fizemos conhecer o poder e a vinda de nosso Senhor Jesus Cristo, pois fomos testemunhas oculares da sua majestade.

[16]Ngokuya sasinixelela ngamandla eNkosi yethu uYesu Krestu nangokuza kwayo, sasinganenzeli ntsomi emini. Isihomo nesithozela sayo sasibona ngala wethu amehlo.

[17] Ele recebeu honra e glória da parte de Deus, quando da suprema glória lhe foi

[17]Ngokuya yayinikwa iwonga nobuqaqawuli nguThixo uYise sasikho.

dirigida a voz que declarou: “Este é o meu Filho amado, em quem me regozijo”.

Sasikho naxa kwakuvakala ilizwi livela kuSobuqaqawuli, lisithi: “Lo nguNyana wam oyintanda, ondikholisayo.”

[18] Ora, nós mesmos ouvimos essa voz vinda dos céus, quando estávamos com Ele no monte santo.

[18]Leviwa sithi aba elo lizwi lalivela ezulwini, sikunye naye uYesu phezu kwaloo ntaba ingcwele.

[19] Sendo assim, temos ainda mais concreta a Palavra dos profetas, e fazeis muito bem em prestar atenção a ela, como a uma candeia que brilha nas trevas, até que todo o dia se ilumine e a estrela da alva nasça em vossos corações.

[19]Ngoko ke ubungqina bodaba lwabashumayeli bamandulo bucaca ngakumbi. Ke xa niluthathela ingqalelo udaba lwabo noba niyakholisa. Olo daba ke luthatheni njengesibane sokukhanyisa ebumnyameni, lide livele ikhwezi lokusa, lithi chapha ezingqondweni zenu ilitha lomsobomvu.

[20] Antes de tudo, sabei que nenhuma profecia da Escritura provém de interpretação pessoal,

[20]Kanti ke, ngaphezu koko, ze nikhumbule ukuba akukho mshumayeli wakha wazihlalutyela ngokwakhe udaba lweziBhalo.

[21] porquanto, jamais a profecia teve origem na vontade humana, mas homens santos falaram da parte de Deus, orientados pelo Espírito Santo.

[21]Kaloku udaba lukaThixo aluzanga ngokuzithandela komntu, koko abantu baluthetha udaba lukaThixo beqhutywa lifuthe loMoya oyiNgcwele.

2 Pedro 2

Os falsos mestres

[1] Assim como, no passado, surgiram falsos profetas entre o povo, da mesma forma, haverá entre vós falsos mestres, os quais introduzirão, dissimuladamente, heresias destruidoras, até ao cúmulo de negarem o Soberano que os resgatou, atraindo sobre si mesmos repentina destruição.

2 KaPetros 2

Abafundisa ubuxoki

[1]KwaSirayeli babekho abashumayeli abaxokayo; ngokunjalo ke naphakathi kwenu baza kubakho abafundisa ubuxoki. Bona baza kunyebelezisa iimfundiso ezidala intshabalalo. Baya kuphika nkqu neNkosi le ibasindisileyo, baze ngokwenjenjalo bazibizele intshabalalo ekhawulezileyo.

[2] Muitos seguirão seus falsos ensinos e práticas libertinas, e por causa dessas pessoas, haverá difamação contra o Caminho da Verdade.

[2]Baninzi abaya kubalandela kwezo ndlela zabo zokungcola. Yona indlela eyinyaniso baya kuyingcikiva.

[3] Movidos por sórdida ganância, tais mestres os explorarão com suas lendas e

[3]Ngenxa yokunyoluka kwabo aba bafundisi baya kuniqhatha, khon' ukuze

artimanhas. Todavia, sua condenação desde há muito tempo paira sobre eles, e sua destruição já está em processo.

banixhaphaze, bafumane inzuzo. Kodwa ke sona isigwebo abasimisélwa kwantlandlolo sijinga phezu kwabo; umtshabalalisi akalali, ulinde bona.

[4] Ora, se Deus não poupou os anjos que pecaram, mas os lançou no inferno, aprisionando-os em cadeias abismais tenebrosas, com o propósito de serem reservados para o Juízo,

[4]Izithunywa ezathi zôna uThixo akazange abe natarhu kuzo, koko wazithatha waziqamangela ngamatyathanga, waziphosa esithokothokweni sesihogo; apho zihleli khona ngoku, zilinde umhla womgwebo.

[5] de igual modo, Ele não poupou o mundo antigo quando abateu o Dilúvio sobre aquele povo ímpio, entretanto preservou Noé, proclamador da justiça, e mais sete pessoas.

[5]UThixo akazange alisindise ihlabathi lamandulo, koko wabatshabalalisa ngonogumbe abo bantu bangakhathalele Thixo. Abantu abasindayo nguNowa, umshumayeli wobulungisa, kunye nabanye abasixhenxe.

[6] Também condenou as cidades de Sodoma e Gomorra, reduzindo-as a cinzas, tornando-as exemplo do que sucederá aos que vivem praticando o mal.

[6]Iidolophu zaseSodom naseGomora uThixo wazigweba wazitshabalalisa; ewe, wazitshisa zaluthuthu, khon' ukuze zibe ngumzekelo kumaxesha azayo, kwabo bangamthobeliyo uThixo.

[7] E Deus livrou o justo Ló, que vivia oprimido com o procedimento corrupto e libertino daqueles incrédulos;

[8] porque este justo, pelo que via e ouvia diariamente, quando habitava entre eles, sentia sua alma atormentada por causa das muitas obras iníquas daquelas pessoas.

[7-8]Kambe ke wamsindisa uLothe indoda eyayinembeko. Kaloku elo lunga lomfo lalingonwabanga phakathi kwabo bantu bangakhathalele mthetho, bengaloyiki nehlazo. Ewe, amanyundululu awayewabona, eweva mihla le, ayemngcungcuthekisa.

[9] Constatamos, portanto, que o Senhor sabe livrar os piedosos da provação e manter em castigo os ímpios para o Dia do Juízo,

[9]Kodwa ke iNkosi iyabahlangula ezilingweni abantu abayithobelayo. Ke bona abangayithobeliyo ibagcinele ukubohlwaya ngomhla womgwebo;

[10] principalmente os que seguem as vontades imorais da carne e desprezam toda autoridade constituída. Atrevidos e arrogantes! Tais pessoas não têm receio nem

[10]ngakumbi ke abo baqweqwediswa ziinkanuko zokungcola, bedela noomagunya. Aba bafundisi ngoodelihlazo abakhukhumeleyo; abanambeko, futhi bayazingcikiva nezithwala-ndwe zaphezulu.

mesmo de insultar os gloriosos seres celestiais;

11 todavia, os anjos, embora sendo maiores em força e poder, não pronunciam contra aqueles seres quaisquer acusações difamatórias diante do Senhor.

11Kanti ke nezithunywa zezulu nakuba zingaphezulu nje kubo ngamandla namagunya, azibenyelisi xa zibamangalela eNkosini.

12 Mas essas pessoas que, à semelhança de animais irracionais, vivem apenas por instinto natural, nascidas para serem caçadas e destruídas, serão corrompidas por sua própria corrupção,

12Aba bantu bafana nezilwanyana zasendle, zona zizalwa zibe ngoomabonwabulawe. Bayazenyelisa izinto abangaziqondiyo. Nabo baya kutshabalala njengezilwanyana.

13 recebendo a justa retribuição de sua injustiça. Tais pessoas consideram prazer entregar-se aos mais repugnantes atos de indecência em plena luz do dia. São como nódoas e manchas, regalando-se em manifestar a torpeza de suas paixões mesmo durante as vossas festas de fraternidade.

13Ewe, isikhuni siya kubuya nomkhwezeli. Ngakwicala leziyolo namanyala bangooncanyelweni. Bayawaxabhela amatheko enu ngokuhlala nani nitye kunye. Kaloku abasenakuzinceda ngobundlobongela nenkohliso.

14 Tendo os olhos cheios de adultério, nunca param de pecar, iludem os incautos e têm o coração habituado à ganância. Malditos!

14Basoloko becel' amehlo kubafazi abangenazimo. Amehlo abo asoloko elambele ukona. Bayabathiyela bababambise abantu abangaqondiyo. Ukunyoluka ngumkhwa abawaziyo; kambe ke baphantsi kwesiqalekiso!

15 Eles se desviaram, abandonando o Caminho correto e seguindo o rastro de Balaão, filho de Beor, que se apaixonou pelo salário da injustiça,

15Bayilahlile eyona ndlela, baza bahola. Bona bahamba ngendlela kaBhalam unyana kaBhehore owakhetha ukona, khon' ukuze azuze imali;

16 mas em sua transgressão foi repreendido por uma jumenta, um animal mudo que falou com voz humana e refreou a insensatez do profeta.

16nto leyo yenza ukuba akhalinyelwe. Ewe, kaloku idonki yathetha ngelizwi lomntu ukugxotha ububhanxa baloo mshumayeli.

17 Esses homens são como fontes sem água, névoas levadas por tempestade, para os quais está reservada a absoluta escuridão das trevas.

17Aba bafundisi bafana nemithombo engampompozi manzi; bafana namafu aqhutywa luqhwithela. Indawo abalungiselelwe yona sisithokothoko senzonzobila.

[18] Pois, proclamando palavras arrogantes e levianas, tomados pelas paixões sensuais da carne, conseguem seduzir os que estavam quase conseguindo escapar do envolvimento daqueles que jazem no erro.

[19] Prometem-lhes total liberdade, porém eles próprios são escravos da corrupção; porquanto, toda pessoa se torna servo daquele por quem é vencido.

[20] Sendo assim, se depois de fugir das corrupções do mundo, mediante o conhecimento do Senhor e Salvador Jesus Cristo, são uma vez mais influenciados e vencidos por elas, seu último estado tornou-se ainda pior que o primeiro.

[21] Porque lhes teria sido melhor não haver conhecido o Caminho da justiça do que, depois de conhecê-lo, darem as costas ao santo mandamento que lhes havia sido concedido.

[22] Dessa maneira, confirma-se neles o quanto é verdadeiro o provérbio que diz: “O cão volta ao seu vômito” e mais: “A porca lavada volta a revolver-se no lamaçal”.

2 Pedro 3

A vinda do Senhor

[1] Amados, esta é agora a segunda carta que vos escrevo; em ambas procuro despertar com estas recordações a vossa mente sincera:

[2] para que vos lembreis das palavras que anteriormente foram ditas pelos santos profetas, bem como do mandamento do Senhor e Salvador, que os vossos apóstolos vos ensinaram.

[18]Banamabhongo, futhi bathetha amazwi aphuthileyo, baze bathi ngemikhuba yabo yokuzibhubhisa beyelisele abantu abangekaphuncuki kakuhle kwiindlela ezigwenxa.

[19]Babathembisa inkululeko, kodwa bona ngokwabo basabopheleleke kwimikhwa yokuzibhubhisa. Kaloku umntu uba likhoboka layo nayiphi na into angalumlekiyo kuyo.

[20]Ukuba abantu bathe ngokwazana neNkosi yethu uYesu Krestu baphuncuka kwizidyobho zehlabathi, baze baphinde babuyele kwakuzo zibakhoboze, isiphelo sabo sibi kunesiqalo.

[21]Ngekubhetele ukuba babengayazanga eyona ndlela, kunokuba bathi sebeyifumene bajike, bawulahle umyalelo kaThixo ababewunikiwe.

[22]Kwabanjalo ke liyinene iqhalo elithi: “Inja ibuyele umhlanzo wayo;ihagu ehlanjiweyo ibuye yazityikitya eludakeni.”

2 KaPetros 3

IMini yeNkosi iyeza

[1]Zihlobo zam, yeyesibini le ngoku incwadi endinibhalela yona. Kuzo zombini ezi ncwadi bendizama ukuvuselela iingcinga ezintle ezingqondweni zenu.

[2]Bendinikhumbuza izinto ezathethwa ngabashumayeli abangcwele mandulo, kwanemiyalelo yeNkosi noMsindisi enayixelelwayo ngabathunywa.

[3] Antes de tudo, considerai atentamente que, nos últimos dias, surgirão escarnecedores anunciando suas zombarias e seguindo suas próprias paixões.

[3]Mayisicacele into yokuba imihla yokugqibela iza nabantu abangoodelihlazo nabagxeki.

[4] Eles proclamarão: "O que aconteceu com a Promessa da sua vinda? Ora, desde que os antepassados morreram, tudo continua como desde o princípio da criação!"

[4]Baza kunenza intlekisa besithi: "Wayethe uya kubuya eze. Úphi kaloku ngoku? Oobawo sebafa, yaye into yonke isenjengoko yayinjalo kwasekusekweni kwehlabathi!"

[5] No entanto, deliberadamente, eles não reconhecem que desde a Antiguidade, por intermédio da Palavra de Deus foram criados os céus e a terra, e esta foi formada da água e por meio da água.

[5]Bakhetha ukuyilibala abo bantu into yokuba amazulu la ayekho kakade kwasekuqaleni, nokuba ihlabathi eli ladalwa ngamanzi ngelizwi likaThixo.

[6] Foi pelas águas que o mundo daquela época foi submerso e destruído.

[6]Yaye latshatyalaliswa kwangamanzi; nditsho amanzi kanogumbe.

[7] Ora, por intermédio da mesma Palavra, os céus e a terra que hoje existem estão também preparados para o fogo, reservados para o Dia do Juízo e para a total destruição dos ímpios.

[7]Kanti ke kwaesi sibhakabhaka sikhoyo nehlabathi zigcinwe kwalelo lizwi likaThixo. Zilinde umhla ekuya kugwetywa ngawo ngomlilo kutshatyalaliswe abantu abangamkhathalelanga uThixo.

[8] Contudo, amados, há um princípio que não deveis esquecer: que, para o Senhor, um dia é como mil anos, e mil anos, como um dia.

[8]Ze nikhumbule le ndawo ke, zihlobo zam: umhla omnye kuThixo uyafana newaka leminyaka, newaka leminyaka lifana nomhla omnye.

[9] O Senhor não se atrasa em cumprir a sua promessa, como julgam alguns. Pelo contrário, Ele é extremamente paciente para convosco e não quer que ninguém pereça, mas que todos cheguem ao arrependimento.

[9]Ke iNkosi ayikubambezeli ukuzalisekiswa kwesithembiso esenzileyo, njengoko abanye baba kunjalo. Nto nje ininyamezele kuba ingafuni kutshabalale mntu. Koko ifuna wonke ubani afumane ithuba lokuguquka.

[10] Entretanto, o Dia do Senhor virá como ladrão, no qual os céus desaparecerão ao som de um terrível estrondo, e os elementos se desintegrarão pela ação do calor. A terra e toda obra nela existente serão expostas ao fogo.

[10]Ke yona iMini yeNkosi iya kufika njengesela ingalindelekanga.Ngaloo mini amazulu aya kutsho ngenzwinini yengxolo, aze ke wona aphel' emehlweni. Ngokunjalo neziseko zawo ziya kutshiswa ngumlilo ziphele. Wona umhlaba nako konke

okukuwo kuya kusala kuze; uya kunyamalala.

[11] Ora, se tudo o que existe será assim aniquilado, que espécie de pessoas é necessário que sejais? Pessoas que vivem em santidade e piedade,

[11]Xa ke eli phakade liza kutshabalala kanje, ngaba kufuneka nithini nina? Kufuneka nizinikele ngokupheleleyo, niphile ubomi obunyulu.

[12] aguardando o Dia do Senhor e apressando a sua vinda. Naquele Dia, os céus se dissolverão pelo fogo, e todos os elementos, ardendo, se dissiparão com o calor.

[12]Kufuneka nenze unako-nako, nilangazelela ukuba ikhawuleze imini kaThixo. Ewe, loo mini iya kuwalenya ngomlilo amazulu atshabalale; ngokunjalo neziseko zawo ziya kunyibilika.

[13] Todavia, confiados em sua Promessa, esperamos novos céus e nova terra onde habita a justiça.

[13]Kambe ke thina silindele isithembiso sikaThixo, samazulu nehlabathi elitsha, apho kuya kulawula ucwangco.

[14] Por isso, amados, enquanto aguardais estes eventos, esforçai-vos para que sejais encontrados por Ele em plena paz, sem mácula e livres de culpas diante dele.

[14]Zihlobo zam, njengoko ke nisajong' enkalweni kweli dinga, hlalani nilungelelene noThixo; ningenabala, ningakhalazeleki nganto kuye.

[15] Considerai que a longanimidade do nosso Senhor é uma oportunidade para que possais receber a Salvação, assim como o nosso amado irmão Paulo também vos escreveu, de acordo com a sabedoria que Deus lhe concedeu.

[15]Qondani kakuhle ukuba umonde weNkosi ufezekisa usindiso lwenu. Andithi kaloku nowethu othandekayo uPawulos utsho kwiincwadi zakhe azibhala phantsi kwefuthe nobulumko bukaThixo!

[16] Ele escreve do mesmo modo em todas as suas epístolas, discorrendo nelas sobre esses assuntos, nas quais existem trechos difíceis de entender, os quais são distorcidos pelos ignorantes e insensatos, como fazem também com as demais Escrituras para a própria destruição deles.

[16]Kambe ke unjalo kakade xa ethetha ngale nyewe. Phofu ke kukho iindawo ezinzima ezincwadini zakhe. Ke zona izityhakala nabathandabuzi bazitolika gwenxa, njengoko besenza kakade eziBhalweni. Ngokwenjenjalo ke bazibizela intshabalalo.

[17] Sendo assim, amados, estando bem informados, guardaivos para que não sejais conduzidos pelo erro e sedução dos que não têm princípios morais, vindo a perder a vossa segurança e cair.

[17]Ke nina, zihlobo zam, senilunyukisiwe. Ngoko ke lumkani, hleze aba basweli-kuqiqa banilukuhlele kwezo mpazamo zabo. Ngoko ke yimani ningagungqi.

[18] Antes, crescei na graça e no conhecimento de nosso Senhor e Salvador Jesus Cristo. A Ele seja a glória, agora e no Dia eterno! Amém.

[18]Ewe, kholosani ngesisa seNkosi, nikhule nakuko ukwazana neNkosi noMsindisi wethu uYesu Krestu. Bobakhe ubungangamsha ngoku nangonaphakade! Amen.

1 João	1 KaYohane

1 João 1

A Palavra da vida foi manifesta na carne

[1] O que era desde o princípio, o que ouvimos, o que vimos com os nossos olhos, o que contemplamos e as nossas mãos apalparam a respeito da Palavra da Vida.

[2] A Vida se manifestou, nós a vimos e dela testemunhamos, e vos anunciamos a Vida eterna que estava com o Pai e a nós foi revelada.

[3] Sim, o que vimos e ouvimos, isso vos proclamamos, para que também tenhais comunhão conosco; e a nossa comunhão é com o Pai e com seu Filho Jesus Cristo.

[4] Estes ensinos vos escrevemos para que a nossa alegria seja absolutamente completa.

Deus é luz. Aqueles que não andam na luz não têm comunhão com Ele

[5] E a mensagem que dele ouvimos e vos pregamos é esta: Deus é luz; nele não existe a mínima sombra de treva.

[6] Se afirmarmos que temos comunhão com Ele, mas caminharmos nas trevas, somos mentirosos e não praticamos a verdade.

[7] Se, no entanto, andarmos na luz, como Ele está na luz, temos plena comunhão uns com os outros, e o sangue de Jesus, seu Filho, nos purifica de todo pecado.

A confissão dos pecados e o perdão por Cristo

[8] Se declaramos que não temos pecado algum enganamos a nós mesmos, e a verdade não está em nós.

[9] Se confessarmos os nossos pecados, Ele é fiel e justo para nos perdoar todos os pecados e nos purificar de qualquer injustiça.

1 KaYohane 1

ULizwi uSobomi

[1]Ndibhala ndinibalisela ngoLizwi uSobomi, owayekho kwasekuqaleni. Sasithetha naye, simbona ngamehlo, simbukela, sigudlana naye ngamacala.

[2]Uthe akuvela sambona. Yiyo ke le nto ndinibaliselayo ngaye, ndinixelela ngaye uSobomi owayehleli ekho kunye noYise kwasekuqaleni, node wabonakala nakuthi.

[3]Nani ke sinixelela ngesimbonileyo, sathetha naye, khon' ukuze nani nibuxhamle nathi ubudlelane esinabo kunye noYise noNyana wakhe uYesu Krestu.

[4]Le ncwadi ke ndinibhalela ukuze sonwabe ngokupheleleyo sonke.

UThixo ukukukhanya

[5]Nalu ke udaba endaluva ngoNyana kaThixo, nendinixelela lona: UThixo ukukukhanya; abukho konke kuye ubumnyama.

[6]Xa ke sithi sinobudlelane noThixo, kodwa sibe sihleli ebumnyameni, sithetha ubuxoki, nezenzo zethu azingqinelani nenyaniso.

[7]Kodwa ke ukuba sihleli ekukhanyeni njengaye uThixo, siba nobudlelane. Ke lona igazi likaYesu uNyana wakhe lisihlambulula kuso sonke isono.

[8]Xa sithi asinasono siyazikhohlisa, asinanyani mpela.

[9]Kodwa ke, ukuba siyazivuma izono zethu, uThixo uthembekile, ulilungisa; wosixolela izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi.

[10] Se afirmarmos que não temos cometido pecado, nós o fazemos mentiroso, e sua Palavra não está em nós.

[10]Kanti xa sithi asizange sone, simenza ixoki uThixo, yaye nelizwi lakhe alikho kuthi.

1 João 2

1 KaYohane 2

[1] Caros filhinhos, estas palavras vos escrevo para que não pequeis. Se, entretanto, alguém pecar, temos Advogado junto ao Pai, Jesus Cristo, o Justo;

[2] e Ele é a propiciação pelos nossos pecados e não somente por nossas ofensas pessoais, mas pelos pecados de todo o mundo.

UKrestu ummeli wethu

[1]Ndinibhalela nje, bantwana bam, ndifuna niyeke ukona. Kambe ke xa kukho umntu othe wona ukhona ummeli wethu kuBawo, nditsho uYesu Krestu olilungisa.

[2]Ewe, kaloku nguye idini elicamagushela izono zethu. Phofu akacamagusheli ezethu kuphela, koko ucamagushela ezehlabathi liphela.

A observação dos mandamentos. O amor fraternal. A separação do mundo

[3] E temos certeza de que o conhecemos, se guardamos seus mandamentos.

[3]Into ebonakalisa ukuba siyazana noThixo kukuba siyithobele imiyalelo yakhe.

[4] Aquele que afirma: “Eu o conheço”, e não obedece aos seus mandamentos, é mentiroso e a verdade não está nele;

[4]Umntu othi uyazana naye, abe kodwa engayithobeli imiyalelo yakhe, uyaxoka; ukude nenyaniso.

[5] mas todo o que guarda a sua Palavra, neste o amor de Deus tem verdadeiramente se aperfeiçoado. E dessa forma sabemos que estamos nele.

[5]Kambe ke yena olithobelayo ilizwi lakhe, uthando lukaThixo luyondelelene kuye. Nantsi ke into ecacisa ukuba simanyene noThixo:

[6] Quem declara que permanece nele também deve andar como Ele andou.

[6]Lowo uthi umanyene naye makaziphathe ngohlobo awayeziphethe ngalo uYesu Krestu.

Umyalelo omtsha

[7] Amados, não vos escrevo mandamento novo, senão mandamento antigo, o qual tendes desde o princípio. Ora, esse mandamento antigo é a Palavra que ouvistes.

[7]Zihlobo zam ezithandekayo, lo myalelo ndinibhalela wona awumtsha, mdala; ngulowa nawunikwayo kwasekuqalekeni. Lo myalelo mdala ke ludaba eseniluvile.

[8] Todavia, o que vos escrevo é um mandamento novo, o qual é verdadeiro nele e em vós, pois as trevas estão se dissipando e já brilha a verdadeira luz.

[8]Ewe kambe, lo myalelo ndinibhalela wona mtsha; ubunyani bawo bubonakaliswa nini nanguYesu Krestu. Kaloku ubumnyama buyadlula; ke okona kukhanya sekuvelile.

[9] Aquela pessoa que diz estar na luz, mas odeia a seu irmão, continua a vagar sob as trevas.

[10] Quem ama seu irmão permanece na luz, e nele não existe motivo de tropeço.

[11] No entanto, quem odeia seu irmão está nas trevas e vaga pela escuridão, não sabe para onde caminha, pois as trevas lhe turvaram a visão.

[12] Filhinhos, eu vos escrevo porque os vossos pecados foram todos perdoados, graças ao nome de Jesus.

[13] Pais, eu vos escrevo porquanto conheceis Aquele que é desde o princípio. Jovens, eu vos escrevo pois vencestes o Maligno.

[14] Crianças, eu vos escrevi porque conheceis o vosso Pai. E vós, pais, eu vos escrevi porque conheceis Aquele que é desde o princípio. Jovens, eu vos escrevi porquanto sois fortes, e a Palavra de Deus permanece em vós, e já vencestes o Maligno.

[15] Não ameis o mundo nem o que nele existe. Se alguém ama o mundo, o amor do Pai não está nele.

[16] Pois tudo o que há no mundo: as paixões da carne, a cobiça dos olhos e a ostentação dos bens não provém do Pai, mas do mundo.

[17] Ora, o mundo passa, assim como sua volúpia; entretanto, aquele que faz a vontade de Deus permanece eternamente.

Os anticristos

[9]Umntu othi usekukhanyeni, abe kodwa emthiyile uwabo, usesebumnyameni unangoku.

[10]Kodwa yena umntu omthandayo uwabo, uhlala ekukhanyeni; yaye akukho nto ikhubekisayo kuye.

[11]Kambe yena umntu omthiyileyo uwabo usebumnyameni, uyamfamzela; akazi nalapho aya khona, kuba ubumnyama bummfamekisile.

[12]Ndiyanibhalela, bantwana bam, kuba kaloku izono zenu zixolelwe ngenxa kaKrestu.

[13]Ndiyanibhalela nani, boyise, kuba kaloku niyamazi lowo wayekho kwasekuqalekeni. Ngokunjalo ndiyanibhalela nani, lutsha, kuba nimoyisile umtyholi.

[14]Bantwana, ndinibhalela nje, kungoba niyamazi uBawo. Boyise, ndinibhalela nje, kungenxa yokuba nimazi lowo wayekho kwasekuqalekeni. Lutsha, ndiyanibhalela kuba kaloku nina nomelele, nelizwi likaThixo linifukamele, ibe ke nomtyholi nimoyisile.

[15]Musani ukulithanda ihlabathi, nezinto zalo ngokunjalo. Nabani na olithandayo eli hlabathi akazani nothando lukaThixo.

[16]Kaloku zonke izinto zeli hlabathi – iinkanuko zesimo esonakeleyo, ukubawa, namagugu obu bomi – aziveli kuThixo, koko zizinto zeli hlabathi.

[17]Ihlabathi nazo zonke izinto ezinqwenelwa ngabantu zezomzuzwana, ziyadlula, kodwa yena owenza ukuthanda kukaThixo uya kuhlala ehleli.

Umchasi-Krestu

[18] Filhinhos, esta é a hora derradeira e, assim como ouvistes que o anticristo está chegando, já agora muitos anticristos têm surgido. Por isso, sabemos que esta é a última hora.

[19] Eles saíram do nosso meio, mas na realidade não eram dos nossos, pois se fossem dos nossos, teriam permanecido conosco; o fato de terem nos abandonado revela que nenhum deles era realmente dos nossos.

[20] Entretanto, vós tendes uma unção que procede da parte do Santo, e todos tendes pleno conhecimento.

[21] Portanto, não vos escrevo porque vos falta o conhecimento da verdade, mas justamente porque a conheceis e, porquanto, nenhuma mentira tem origem na verdade.

[22] Quem é o mentiroso, senão aquele que nega que Jesus é o Messias? Este é o Inimigo de Cristo: aquele que rejeita tanto o Pai quanto o Filho.

[23] Todo o que nega o Filho de igual forma não tem o Pai; quem confessa publicamente o Filho tem também o Pai.

[24] Quanto a vós outros, zelai para que aquilo que ouvistes desde o princípio permaneça em vossos corações. Porquanto, se o que ouvistes permanecer em vós, de igual modo permanecereis no Filho e no Pai.

[25] E esta é a Promessa que Ele nos fez: a vida eterna!

[26] Eu vos escrevo estas advertências a respeito daqueles que vos querem seduzir.

[18]Bantwana bam, isiphelo sisemnyango! Kaloku nanivile ukuba umchasi-Krestu uyeza. Nangoku ke sebevele babaninzi abamchasayo uKrestu. Yiloo nto ke esenza siqonde ukuba isiphelo sisemnyango.

[19]Aba bantu bakreqa apha kuthi, kuba babengekho ngakuthi kakade; kaloku ukuba babengakuthi ngebabengakreqanga. Ke kaloku basishiyile, khon' ukuze kucace ukuba babengengabo abethu ncam.

[20]Kodwa ke nina uKrestu unithambise ngoMoya oyiNgcwele; ngoko ke nonke ninolwazi.

[21]Ndinibhalela nje ke akungakuba ningayazi inyaniso; hayi, kungenxa yokuba niyazi, futhi ke niqonda ukuba ubuxoki abuveli enyanisweni.

[22]Ngaba ngubani ixoki xa ingenguye lowo uphikayo ukuba uYesu unguKrestu? Umntu onjalo ungumchasi kaKrestu. Akamvumi uYise kwanoNyana.

[23]Kaloku omphikayo uNyana uyamphika kwanoYise; ukanti ke omamkelayo uNyana umamkele noYise.

[24]Ngoko ke olo daba naluvayo kwasekuqaleni lugcineni ezintliziyweni zenu. Ukuba ke olo daba naluvayo kwasekuqaleni luhleli kuni, nani niya kusoloko nimanyene noNyana ngokunjalo noYise.

[25]Into awayesithembise yona ke uKrestu bubomi obungunaphakade.

[26]Ndinibhalela ezi zinto mayela nabo banikhohlisayo.

[27] Quanto a vós outros, a unção que dele recebestes permanece em vós, e não tendes necessidade de que alguém mais vos ensine sobre isso. No entanto, a unção que dele procede é verdadeira, não construída sobre a mentira, e vos ensina sobretudo o que precisais saber. Permanecei, pois, nele assim como Ele vos ensinou.

[28] Sim, queridos filhinhos, permanecei nele, para que tenhamos segurança quando Ele se manifestar e não sejamos envergonhados diante dele na sua vinda.

[29] Se sabeis que Ele é justo, tomai conhecimento também que todo aquele que pratica a justiça é nascido dele!

1 João 3

Os filhos de Deus

[1] Vede que imenso amor nos tem concedido o Pai, a ponto de sermos tratados como filhos de Deus; e, em realidade, somos filhos de Deus! Por esse motivo, o mundo não nos conhece, porquanto não conheceu a Ele mesmo.

[2] Amados, agora somos filhos de Deus, e ainda não se manifestou o que havemos de ser, todavia, sabemos que quando Ele se manifestar, seremos semelhantes a Ele, pois o veremos como Ele é.

[3] E todo o que tem nele essa plena confiança purifica a si mesmo, assim como Ele é puro.

[4] Toda pessoa que vive costumeiramente pecando também vive em rebeldia contra a Lei, pois o pecado é transgressão da Lei.

[27]Kodwa ke nina uKrestu unithambise ngoMoya oyiNgcwele. Ngalo lonke ixesha uMoya wakhe ehleli kuni anidingi kufundiswa mntu. Kaloku uMoya uyanifundisa yonke into, ibe ke imfundiso yakhe ayibobuxoki, yinyani. Ngoko ke yithobeleni imfundiso kaMoya, nize nihlale nimanyene noKrestu.

Abantwana bakaThixo

[28]Ewe, bantwana bam, hlalani nimanyene noKrestu ukuze sibe nesibindi akuvela; ngokunjalo singabi naziintloni ngeMini yokufika kwakhe.

[29]Niyazi ukuba uKrestu ulilungisa; ngokunjalo ke qondani ukuba nawuphi na umntu owenza okulungileyo ungumntwana kaThixo.

1 KaYohane 3

[1]Hayi ubukhulu bothando lukaThixo uYise kuthi! Uthando lwakhe lukhulu kangangokuba ude athi uThixo singabantwana bakhe. Kambe ke singabo ngenene. Yiyo loo nto lingasiqondi nje ihlabathi; noThixo kaloku alimazi.

[2]Bahlobo bam, singabantwana bakaThixo ngoku, kodwa ke into esiya kuba yiyo ayikacaci. Siyazi kambe ukuba akufika uKrestu siya kufana naye, kuba soba simbona njengoko anjalo.

[3]Wonke umntu oneli themba kuKrestu uzenza nyulu kanye njengokuba noKrestu enyulu.

[4]Umntu owenza isono waphula umthetho kaThixo. Isono kaloku kukwaphula umthetho.

[5] Sabeis, igualmente, que Ele se manifestou para tirar os nossos pecados, e nele não há pecado.

[6] Todo aquele que permanece nele não vive pecando; toda pessoa que continua no pecado não o viu, nem tampouco o conheceu.

[7] Filhinhos, ninguém vos iluda: quem pratica a justiça é justo, assim como Ele é justo.

[8] Aquele que vive habitualmente no pecado é do Diabo, pois o Diabo peca desde o princípio. Para isto, o Filho de Deus se manifestou: para destruir as obras do Diabo.

[9] Todo aquele que é nascido de Deus não se dedica à prática do pecado, porquanto a semente de Deus permanece nele e ele não pode continuar no pecado, pois é nascido de Deus.

[10] Deste modo, conhecemos quem são os filhos de Deus e quem são os filhos do Diabo: quem não pratica a justiça não procede de Deus, nem tampouco aquele que não ama seu próprio irmão.

[11] Ora, a mensagem que ouvistes desde o princípio é esta: que nos amemos uns aos outros.

[12] E não sejamos como Caim, que pertencia ao Maligno e assassinou seu irmão. E por que o matou? Porque suas obras eram más e as de seu irmão eram justas.

[13] Meus irmãos, não vos admireis se o mundo vos odeia.

[5]Niyazi kaloku ukuba uKrestu weza kucamagushela isono; ibe ke akanasono yena.

[6]Ngoko ke lowo umanyene noKrestu uyazilumla esonweni. Lowo ungazilumliyo esonweni akakamboni uKrestu, engazani nokwazana naye.

[7]Musan' ukulahlekiswa, bantwana bam: Ngumntu olungisayo olilungisa, kanye njengoko noKrestu elilo.

[8]Umntu ongumoni ufuze uSathana, yena wonayo kwasekuqaleni. UNyana kaThixo ke wezela kanye into yokuba abhangise umsebenzi kaSathana.

[9]Lowo ke ungumntwana kaThixo akoni rhoqo. Kaloku uzelwe nguThixo yena. Umntwana kaThixo kaloku akanakuhlalela ukona.

[10]Nguwo lo ke umahluko phakathi kwabantwana bakaThixo nabakaSathana: Umntu ongenzi okulungileyo nongawathandiyo amanye amakholwa, asingomntwana kaThixo.

Thandanani

[11]Kaloku sanikwa lo myalelo wokuba sithandane kwasekuqaleni.

[12]Masingafani noKayen ke owafuza umtyholi wagwinta umntakwabo.Kwakutheni ukuze amgwinte umntwakwabo? Kwakungenxa yokuba izenzo zikaKayen zazigwenxa, kodwa ezomntakwabo zazilungile.

[13]Bahlobo bam, sanukumangaliswa xa abantu beli hlabathi benithiyile.

[14] Nós sabemos que já passamos da morte para a vida, porque amamos os irmãos. Quem não ama permanece na morte.

[15] Toda pessoa que odeia seu irmão é homicida, e sabeis que nenhum assassino tem a vida eterna em si mesmo.

[16] Nisto conhecemos todo o significado do amor: Cristo deu a sua vida por nós e devemos dar a nossa vida por nossos irmãos.

[17] Se alguém possuir recursos materiais e, observando seu irmão passando necessidade, não se compadecer dele, como é possível permanecer nele o amor de Deus?

[18] Filhinhos, não amemos de palavras nem de boca, mas sim de atitudes e em verdade.

[19] Desta forma, saberemos que somos da Verdade e acalmaremos o nosso coração na presença dele;

[20] pois, se o coração nos condena, Deus é maior que nosso coração; Ele é conhecedor de tudo.

[21] Portanto, amados, se o nosso coração não nos condena, temos coragem diante de Deus;

[22] e recebemos dele tudo o que rogamos, porque obedecemos aos seus mandamentos e fazemos o que lhe agrada.

[23] Ora, e este é o seu mandamento: que creiamos no Nome de seu Filho Jesus Cristo e amemos uns aos outros, assim como Ele nos ordenou.

[14]Kaloku thina siphumile ekufeni sangena ebomini. Loo nto ke icaciswa kukuba siyawathanda amawethu. Umntu ongenalo uthando usantyumpantyumpeka ekufeni.

[15]Nabani na ke omthiyileyo uwabo sisigwinta, ibe ke niyazi ukuba akukho sigwinta sinabo ubomi obungunaphakade.

[16]Inkqu yothando siyibona kule nto yokuba uKrestu anikele ubomi bakhe ngenxa yethu. Ngokunjalo ke nathi sifanele ukuba sibunikele ubomi bethu ngenxa yamawethu.

[17]Ukuba umntu omi kakuhle ngezinto zobu bomi ubona uwabo eswele, aze amvimbe into engamncedayo, angatsho njani loo mntu ukuba unalo uthando lukaThixo entliziyweni yakhe?

[18]Bantwana bam, uthando lwethu malungabi lolomlomo nje kuphela, koko malube lolungahanahanisiyo, lubonakaliswa ngezenzo.

Aninasazela phambi koThixo

[19]Nantso ke into ebonakalisa ukuba singabenyaniso, yaye asinasazela phambi koThixo.

[20]Kanti ke, nokuba siyalahlwa sisazela sethu, yena uThixo osaziyo ngokupheleleyo, unenceba kunesazela sethu.

[21]Ewe, zihlobo zam, xa singalahlwa sisazela asibi naxhala phambi koThixo.

[22]Zonke izinto esizicelayo kuye, siyazifumana; kuba kaloku siyayifezekisa imiyalelo yakhe, siyenze intando yakhe.

[23]Umyalelo wakhe uthi masizinikele kwigama loNyana wakhe uYesu Krestu, sithandane nanjengokuba wasiyalelayo.

[24] Todos aqueles que obedecem aos seus mandamentos nele permanecem, e Ele neles. E assim conhecemos que Deus permanece em nós: pelo Espírito que nos outorgou.

[24]Wonke umntu oyithobelayo imiyalelo kaThixo umanyene noThixo, noThixo uhlala kuye. Into ecacisa ukuba uThixo uhlala kuthi nguMoya lo asinike yena.

1 João 4

Os falsos profetas

[1] Amados, não deis crédito a qualquer espírito; antes, porém, avaliai com cuidado se os espíritos procedem de Deus, porquanto muitos falsos profetas têm saído pelo mundo.

[2] Deste modo, podeis reconhecer o Espírito de Deus: todo espírito que confessa que Jesus Cristo veio em carne é de Deus;

[3] mas todo espírito que não confessa Jesus não provém de Deus. Ao contrário, este é o espírito do anticristo, a respeito do qual tendes ouvido que havia de vir e, presentemente, já está no mundo.

[4] Filhinhos, vós sois de Deus e tendes vencido os falsos profetas, porque maior é Aquele que está em vós do que aquele que está no mundo.

[5] Eles são mundanos; por isso falam como quem pertence ao mundo, e o mundo os compreende.

[6] Nós somos de Deus; quem conhece a Deus nos ouve; quem não é de Deus não nos entende. É assim que reconhecemos o Espírito da Verdade e o espírito do erro.

Deus é amor. Devemos amar a Deus e a nossos irmãos

1 KaYohane 4

UMoya wenyaniso nomoya wobuxoki

[1]Zihlobo, musan' ukusuka nikhokelwe nje nanguwuphi na umoya. Wonke umoya wuvavanyeni, nikhangele ukuba ngaba uvela kuThixo na. Kaloku baninzi abashumayeli abanefuthe lobuxoki abajikeleza elizweni.

[2]Ningawuphawula ngale nto ke wona umoya ovela kuThixo: Ukuba umntu uyavuma ukuba uYesu Krestu weza engumntu, unoMoya ovela kuThixo.

[3]Kanti ke ukuba akayivumi loo nto, akanaye uMoya ovela kuThixo loo mntu unjalo. Loo moya anawo ngokamchasi-Krestu. Nanivile ukuba uya kuze afike; ukho ke ngoku ehlabathini.

[4]Ke nina, zihlobo zam, ningabantwana bakaThixo. Ninamandla kunabashumayeli abaxokayo. Kaloku lowo ninefuthe lakhe mkhulu kunalowo linefuthe lakhe ihlabathi.

[5]Bona bangabehlabathi, nemfundiso yabo ikwayeyasehlabathini. Yiyo ke loo nto libevayo ihlabathi.

[6]Kodwa thina singabantwana bakaThixo. Ke umntu owazanayo noThixo uyasiva. Kodwa lowo ungengokaThixo akasiva. Siwuqonda ngaloo nto ke umahluko phakathi kwefuthe lenyaniso nefuthe lobuxoki.

UThixo uluthando

7 Amados, amemos uns aos outros, pois o amor procede de Deus; e todo aquele que ama é nascido e conhece a Deus.

8 Aquele que não ama não conhece a Deus, porquanto Deus é amor.

9 Foi deste modo que se manifestou o amor de Deus para conosco: em haver Deus enviado o seu Filho unigênito ao mundo, para vivermos por intermédio dele.

10 Assim, nisto consiste o amor: não em que nós tenhamos amado a Deus, mas em que Ele nos amou e enviou o seu Filho como propiciação pelos nossos pecados.

11 Amados, considerando que Deus amou dessa forma, nós também devemos amar uns aos outros.

12 Ninguém jamais viu a Deus; se amarmos uns aos outros, Deus permanece em nós, e o seu amor é aperfeiçoado em nós.

13 Temos certeza de que permanecemos nele, e Ele em nós, porque Ele nos outorgou do seu Espírito.

14 E vimos e testemunhamos que o Pai enviou o seu Filho para ser o Salvador do mundo.

15 Se alguém confessa publicamente que Jesus é o Filho de Deus, Deus permanece nele, e ele em Deus.

16 Portanto, dessa forma conhecemos o amor que Deus tem por nós e confiamos plenamente nesse amor. Deus é amor, e aquele que permanece no amor permanece em Deus, e Deus, nele.

17 Dessa forma, o amor é aperfeiçoado em nós, a fim de que tenhamos total segurança

7Zihlobo zam ezithandekayo, masithandane; kuba kaloku uthando luvela kuThixo. Nawuphi na umntu onalo uthando uzelwe nguThixo, futhi uyamazi uThixo.

8Kodwa yena ongenalo uthando akamazi uThixo, kuba uThixo uluthando.

9Nantsi indlela asibonise ukusithanda kwakhe ngayo uThixo: Wathumela uNyana okuphela kwakhe emhlabeni, ukuze thina sidle ubomi ngaye.

10Lunje ke olu thando: Ayisithi esamthandayo uThixo, koko nguye owasithandayo, wasinika uNyana wakhe, ukuze acamagushele izono zethu.

11Zihlobo zam ezithandekayo, xa ke uThixo asithande ngolu hlobo nathi simelwe kukuthandana.

12Nangona uThixo engazanga wabonwa mntu nje, uhlala emanyene nathi ukuba siyathandana, luthi nothando lwakhe luyondelelane kuthi.

13Siyazi ukuba sihlala simanyene naye, naye uhlala emanyene nathi, kuba usinike isabelo soMoya wakhe.

14Ngaphezu koko nathi sizibonele, saye siyangqina, ukuba uYise wamthuma uNyana ukuze asindise ihlabathi.

15Nawuphi na umntu ovumayo ukuba uYesu nguNyana kaThixo, uhlala emanyene noThixo, noThixo uhlala emanyene naye.

16Ngoko ke nathi ngokwethu siyalwazi, saye sikholosa ngalo uthando aluthululele kuthi uThixo. UThixo uluthando, yaye nabani na ohlala eluthandweni uhlala emanyene noThixo, noThixo uhlala emanyene naye.

17Xa uthando lukaThixo luyondelelene kuthi, asiyi koyika ngomhla womgwebo,

no Dia do Juízo, pois, assim como Ele é, nós semelhantemente somos nesse mundo.

18 No amor não existe receio; antes, o perfeito amor lança fora todo medo. Ora, o medo pressupõe punição, e aquele que teme não está aperfeiçoado no amor.

19 Nós amamos porque Ele nos amou primeiro.

20 Se alguém declarar: “Eu amo a Deus!”, porém odiar a seu irmão, é mentiroso, porquanto quem não ama seu irmão, a quem vê, não pode amar a Deus, a quem não enxerga.

21 Ora, Ele nos entregou este mandamento: Quem ama a Deus, ame de igual forma a seu irmão!

1 João 5

A fé em Jesus e as suas consequências

1 Todo aquele que crê que Jesus é o Cristo, é nascido de Deus; e todo aquele que ama o Pai, de igual modo, ama também o que dele foi gerado.

2 Desta maneira, sabemos que amamos os filhos de Deus: quando amamos a Deus e obedecemos aos seus mandamentos.

3 Porquanto, nisto consiste o amor a Deus: em que pratiquemos os seus mandamentos. E os seus mandamentos não são penosos.

4 Todo aquele que é nascido de Deus vence o mundo; e este é o triunfo que vence o mundo: a nossa fé!

5 Quem é que pode vencer o mundo? Somente a pessoa que crê que Jesus é o Filho de Deus.

kuba sohlala kweli hlabathi njengoko uKrestu wayesoloko enjalo ehlabathini.

18Alukho uloyiko apho kukho uthando, kuba uthando oluyondeleleneyo luyakugxotha ukoyika. Kaloku emntwini owoyikayo uthando alukayondelelani, kuba ukoyika kuhambisana nesohlwayo.

19Sinalo ke uthando kuba thina sathandwa nguThixo kuqala.

20Umntu othi uyamthanda uThixo kodwa abe emthiyile uwabo, ulixoki. Kaloku ukuba akamthandi uwabo lo ambonayo, akanako ukumthanda uThixo angamboniyo.

21Nguwo lo umyalelo esiwunikwe nguKrestu ngenkqu: Ukuba umntu uyamthanda uThixo, makamthande nowabo.

1 KaYohane 5

Ukoyisa ihlabathi

1Nawuphi na umntu okholwayo ukuba uYesu unguKrestu, ungumntwana kaThixo; yaye ke nabani na omthandayo umzali uyamthanda nomntwana.

2Ukuba siyamthanda uThixo siyithobela nemiyalelo yakhe, loo nto luphawu lokuba siyabathanda abantwana bakhe.

3Kaloku ukumthanda uThixo kuhambisana nokuthobela imiyalelo yakhe. Ke yona imiyalelo kaThixo ayinzima kuthi.

4Kaloku wonke umntwana kaThixo uyaloyisa eli hlabathi. Ke kaloku ihlabathi siloyisa ngokukholosa ngoThixo.

5Akukho mntu unokuloyisa ihlabathi ngaphandle kwalowo ukholwayo ukuba uYesu nguNyana kaThixo.

Ubungqina ngoYesu Krestu

[6] Este é aquele que veio por intermédio de água e sangue, Jesus Cristo; não apenas mediante a água, mas por água e sangue. E o Espírito é quem dá testemunho, porquanto o Espírito é a Verdade.

[6]Ebomini bukaYesu kwaqaqamba amanzi negazi. Kambe ke asingomanzi odwa, koko ngamanzi negazi. UMoya ngokwakhe uyayingqina le nyaniso; kaloku uMoya ngumthombo wenyaniso.

[7] Assim, há três que proclamam testemunho:

[7]Ke amangqina mathathu,

[8] o Espírito, a água e o sangue, e há plena concordância entre os três.

[8]ayangqinelana: uMoya, amanzi, negazi.

[9] Nós aceitamos o testemunho dos homens, contudo o testemunho de Deus tem maior valor, porquanto é a Palavra de Deus, que Ele próprio afiança acerca do seu Filho.

[9]Obu ke bubungqina obuvela kuThixo ngoNyana wakhe, ibe ke buthembekile. Kambe ke thina siyabamkela nobungqina babantu.

[10] Ora, quem crê no Filho de Deus tem em si mesmo esse testemunho. Todavia, todo aquele que não deposita fé em Deus o faz mentiroso, porquanto não crê no testemunho que Deus proclama acerca do seu Filho.

[10]Okholwayo kuNyana kaThixo nentliziyo yakhe iyangqina; kambe ke yena ongakholwayo kuThixo, umenza ixoki ngokungabamkeli ubungqina obuvela kuThixo ngoNyana wakhe.

[11] E o testemunho é este: que Deus nos concedeu a vida eterna, e essa vida está em seu Filho!

[11]Nabu ke obo bungqina: bukukuba uThixo usinike ubomi obungenasiphelo, bomi obo sibuzuza ngokumanywa noNyana.

[12] Quem tem o Filho, tem a vida; quem não tem o Filho de Deus, não tem a vida.

[12]Umntu omfumeneyo uNyana, ubufumene ubomi; kanti ke yena ongekamfumani uNyana kaThixo, akanabo ubomi.

Ubomi obungenasiphelo

[13] Estas orientações vos escrevi, a fim de saberdes que tendes a vida eterna, a vós outros que credes em o Nome do Filho de Deus.

[13]Ndibhala nje ndifuna niqonde, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuba ninobomi obungenasiphelo.

A eficácia da oração

[14] E esta é a segurança que temos para com Ele: que, se lhe fizermos qualquer pedido, de acordo com a vontade de Deus, temos a certeza de que Ele nos dá atenção.

[14]Ngoko ke sisondela singenaxhala kuThixo, sisazi ukuba uyasiphulaphula xa sicela silungele ukwenza loo nto athanda ukuba siyenze.

[15] E, se estamos certos de que ele dá atenção a tudo quanto lhe rogamos, estamos

[15]Njengokuba ke sisazi ukuba uyaziphulaphula izicelo zethu, ngokunjalo

convictos de que receberemos os pedidos que lhe temos feito.

16 Se alguém vir seu irmão cometer pecado que não leva à morte, ore, e Deus dará vida ao que pecou. Refiro-me àqueles cujo pecado não leva à morte. Existe pecado que conduz à morte, não estou ensinando que se deva orar por esse.

17 Toda injustiça é pecado, contudo há pecado que não induz à morte.

18 Ora, sabemos que todo aquele que é nascido de Deus não é escravo do pecado; antes, Aquele que nasceu de Deus o protege, e não permite que o Maligno o possa tocar.

19 Estamos cientes de que somos de Deus e que o mundo inteiro jaz no Maligno.

20 Da mesma forma, temos pleno conhecimento de que o Filho de Deus é vindo e nos tem concedido entendimento para reconhecermos o Verdadeiro. E nós estamos vivendo naquele que é o Verdadeiro, em seu Filho Jesus Cristo. Este é o verdadeiro Deus e a vida eterna.

21 Filhinhos, acautelai-vos com os falsos deuses!

ke siyazi ukuba izinto esizicelayo sesiziphiwe.

16Xa umntu ebhaqe uwabo ephazama, makamthandazele kuThixo ukuze aphile. Le nto ke inxulumene nabo bazono zingakhokeleli kufeni. Kaloku zikho izono ezikhokelela ekufeni; anditsho ke ukuba ezinjalo zithandazeleni kuThixo.

17Nakuba konke ukungalungisi kusisono nje, azikhokeleli ekufeni ngokufanayo zonke izono.

18Siyazi ukuba umntwana kaThixo akoni rhoqo. Kaloku uNyana kaThixo uyamgcina, ukuze umtyholi angamchukumisi.

19Siyazi thina ukuba silusapho lukaThixo; kanti ke bona abantwana beli hlabathi balawulwa ngumtyholi.

20Siyazi ukuba uNyana kaThixo ufikile wasinika ukuqonda, ukuze simazi uThixo onguye ngenene. Thina simanywe nalowo unguThixo ngenene, kuba kaloku simanywe noNyana wakhe uYesu Krestu. Yena ke unguThixo ngenene; nguye obona bomi bungenasiphelo.

21Bantwana bam, zilumkeleni izithixo!

2 João	2 KaYohane

2 João 1

Prefácio e saudação

[1] O presbítero à senhora eleita e a seus filhos, a quem amo na verdade, e não somente eu, mas também todos os que conhecem a Verdade,

[2] por causa da Verdade que permanece em nós e que estará conosco para sempre:

[3] graça, misericórdia e paz da parte de Deus Pai e de Jesus Cristo, seu Filho, estarão conosco em verdade e em amor.

Amor fraternal. Falsos doutores

[4] Alegro-me sobremaneira por haver encontrado alguns de teus filhos caminhando na Verdade, segundo o mandamento que recebemos do Pai.

[5] E agora, senhora, rogo-te, não como se escrevesse um novo mandamento, mas enfatizando o que recebemos desde o princípio: que nos amemos uns aos outros.

[6] E este é o mandamento do amor: que andemos em obediência às suas ordenanças. Como tendes ouvido desde o princípio, o mandamento é este: Que andeis em amor!

[7] Entretanto, muitos enganadores têm saído pelo mundo, os quais não confessam que Jesus Cristo veio em carne. Esse é o modo de ser do mentiroso e do anticristo.

[8] Acautelai-vos, para não destruirdes a obra que realizamos com zelo, mas para que, pelo contrário, sejais recompensados regiamente.

2 KaYohane 1

Isingeniso

[1]Indoda enkulu ibhalela udade onyuliweyo kunye nabantwana bakhe.Ndinithanda ngenene, phofu ke asindim ndedwa koko bonke abayaziyo inyaniso bayanithanda.

[2]Kaloku inyaniso ihlala kuthi, ibe ke siya kuhlala sinayo nanini na!

[3]Isisa, inceba, noxolo mazihlale kuthi ngenyaniso nothando. Kaloku zona siziphiwa nguThixo uBawo wethu, noYesu Krestu uNyana kaThixo uYise.

Inyaniso nothando

[4]Ndibe nochulumacho ukufumanisa ukuba abanye kubantwana bakho bahleli enyanisweni, kanye njengoko sayalelwayo nguBawo.

[5]Ndiyakucela, dade othandekayo, andikuniki myalelo mtsha, koko ndikukhumbuza ngalowo sawunikwayo kwasekuqaleni – ewe, nditsho lo uthi masithandane.

[6]Olu thando ndithetha ngalo ke kukuyithobela imiyalelo kaThixo. Lo myalelo ke nawunikwa kwasekuqaleni, ukuze ubomi benu bulawulwe luthando.

[7]Kukho abakhohlisi abaninzi abathe saa apha elizweni. Bona bayaphika ukuba uYesu Krestu waba ngumntu ngokupheleleyo. Abantu abanjalo ngabakhohlisi, abachasi-Krestu.

[8]Ngoko ke zilumkeleni, hleze niphulukane nayo into ebeniyisebenzela. Zabalazani, khon' ukuze nilifumane linjengoko linjalo ibhaso lenu.

[9] Todo aquele que não permanece no ensino de Cristo, mas acredita estar indo além dele, não tem Deus; porquanto, quem permanece na sã doutrina tem o Pai e também o Filho.

[10] Se alguém chegar a vós, mas não trouxer essa doutrina, não o recebais nas reuniões em vossas casas, tampouco o saudeis.
[11] Porque aquele que lhe dá boas-vindas, torna-se cúmplice das suas obras malignas.

[12] Ainda tenho muito que vos dizer, mas não é meu propósito fazê-lo apenas com papel e tinta. Em vez disso, almejo ir visitar-vos e falar convosco face a face, a fim de que nossa alegria seja completa.

[13] Os filhos da tua irmã eleita te saúdam.

[9]Umntu onganamatheliyo emfundisweni kaKrestu, lowo uhambela kude kuyo, akanaThixo. Kanti ke yena onamatheleyo kuyo imfundiso umanyene noYise kunye noNyana.

[10]Xa nifikelwa ngumntu ophethe mfundiso yimbi musani ukumamkela ekhayeni lenu, ningambulisi nokumbulisa.

[11]Kaloku òmnqwenelela impumelelo ùvana naye nangenkohlakalo leyo yakhe.

Amazwi okuphetha

[12]Nakuba ndinento eninzi ebendingayithethayo kuwe, andithandanga ukuyibhala. Kaloku ndinethemba lokunityelela. Ndiyabona ke ukuba sesothetha ngoko sonwabile.

[13]Bayabulisa abantwana bodade wenu onyuliweyo.

3 João	3 KaYohane

3 João 1

Prefácio e saudação. O elogio de Gaio

1 O presbítero ao amado Gaio, a quem eu amo por causa da Verdade.

2 Amado, oro na expectativa de que tenhas boa saúde, que sejas bem-sucedido em tudo o que empreenderes, assim como é próspera a tua alma.

3 Pois senti extremo júbilo ao receber a visita de alguns irmãos que nos deram boas notícias sobre a tua fidelidade, de como segues caminhando na Verdade.

4 Ora, não tenho alegria maior do que esta: saber que meus filhos estão andando na Verdade.

5 Amado, tu és fiel no que estás realizando pelos irmãos, ainda que eles lhe sejam desconhecidos,

6 os quais, perante a igreja deram testemunho a respeito deste teu amor. Tu farás bem se os encaminhares na sua viagem de modo digno de Deus.

7 Porquanto, foi por causa do Nome que saíram, sem aceitar nada dos gentios.

8 Sendo assim, devemos acolher todos que forem como eles, para que sejamos também cooperadores a favor da Verdade.

Queixa contra Diótrefes. Elogio de Demétrio. Saudações

9 Escrevi à igreja, mas Diótrefes, que aprecia ser considerado a pessoa mais importante entre eles, não nos recebe.

10 Por esse motivo, se eu for vos visitar, chamarei a atenção dele para o mal que está fazendo ao proferir palavras insensatas

3 KaYohane 1

Isingeniso

1Kubhala mna indoda enkulu. Ndibhalela uGayo endimthanda ngokwenene.

2Mhlobo oyintanda, ndithandazela ukuba konke kube hele, kube chosi kuwe, nanjengoko ndisazi ukuba kunjalo nasemphefumlweni wakho.

3Ndavuya gqitha xa kwakufika amawethu endixelela ngendlela othe ngcembe ngayo enyanisweni – njengoko uhlala usenza kakade.

4Akukho nto indonwabisa njengokuva ukuba abantwana bam bahlala bethe ngcembe enyanisweni.

UGayo uyanconywa

5Mhlobo endimthandayo, hayi ukuba nenyameko kwakho kumsebenzi owenzela amakholwa – nditsho nalawo angabahambi!

6Ayibalisile apha ebandleni indlela obuwaphethe kakuhle ngayo. Seluwanceda ke naseluhambeni lwawo, ngohlobo olukholisa uThixo.

7Kaloku ahamba esiya kwenza umsebenzi kaKrestu. Akafumani nkxaso ke kwabo bangengomakholwa.

8Kambe ke thina makholwa simelwe kukuwaxhasa, khon' ukuze sibe nenxaxheba kumsebenzi wokusasaza inyaniso.

UDiyotrefe noDemetriyo

9Bendibhalele ibandla ileta. Kodwa uDiyotrefe, ongugqada-mbekweni, akafuni kuva nento le ngam.

10Ndothi ndakufika apho ndizibhengeze zonke izenzo zakhe: izinto ezimanyumnyezi azithethe ngam, kunye nobuxoki ahamba

contra nós. Não satisfeito com esse desplante, ele se recusa a receber os irmãos, impede os que desejam recebê-los e os expulsa da igreja.

11 Amado, jamais imites o que é mau, mas sim o que é bom. Aquele que faz o bem é de Deus; aquele que pratica o mal não conheceu a Deus.

12 Entretanto, quanto a Demétrio, todos tecem bons comentários sobre ele, inclusive a própria Verdade testemunha a seu favor. E nós também testemunhamos; e sabes que o nosso testemunho é verdadeiro.

13 Há ainda muito que gostaria de te dizer, todavia não desejo fazê-lo com tinta e pena.

14 Anseio, porém, ver-te em breve, e então poderemos conversar face a face. Paz seja contigo! Os amigos te cumprimentam. Saúda os amigos daí, pessoa por pessoa.

ebuphalaza ngam. Kanti ke ngaphezu koko uyala ukwamkela amawethu xa afikileyo; ude anqande nâbo bafuna ukuwamkela, afune ukubagxotha ebandleni.

11Mhlobo oyintanda, ungaze uyilinganise imikhwa emibi; uze ufunde umzekelo omhle. Wonke umntu owenza okulungileyo ngokaThixo. Kodwa lowo wenza okubi akakabonani noThixo.

12Kodwa wonke umntu uthetha kakuhle ngoDemetriyo. Inyaniso iyacaca ngaye. Nam ndiyayingqina loo nto, yaye uyazi ukuba andixoki.

Amazwi okuphetha

13Zininzi izinto endifuna ukukuxelela zona, kodwa andithandi kuzibhala.

14Ndinqwenela ukukubona kwakamsinya, khon' ukuze sithethe ubuso ngobuso.

15Uxolo malube nawe. Bayabulisa bonke oogxa bakho. Nawe bulisa kubahlobo bam bonke ngabanye.

Judas	EkaJuda

Judas 1

Prefácio e saudação

1 Judas, servo de Jesus Cristo e irmão de Tiago, aos que foram convocados, amados por Deus, o Pai, e preservados na fé em Jesus Cristo:

2 Misericórdia, paz e amor vos sejam multiplicados.

Contra os ímpios e falsos mestres

3 Amados, enquanto me preparava com grande expectativa para vos escrever acerca da salvação que compartilhamos, senti que era necessário, antes de tudo, encorajar-vos a batalhar, dedicadamente, pela fé confiada aos santos de uma vez por todas.

4 Porquanto, certos indivíduos, cuja condenação já estava sentenciada há muito tempo, infiltraram-se em vossa congregação com toda espécie de falsidades. Essas pessoas são ímpias e adulteraram a graça de nosso Deus em libertinagem e negam Jesus Cristo, nosso único Soberano e Senhor.

5 Quero, portanto, recordar-vos, embora já estejais bem informados sobre tudo isso, que o Senhor libertou um povo do Egito, contudo, mais tarde, destruiu todos os que não creram.

6 E, quanto aos anjos que não guardaram sua autoridade e santidade originais, mas abandonaram seu próprio domicílio, Ele os tem mantido em trevas, presos com

EkaJuda 1

Isingeniso

1Kubhala mna Juda osisicaka sikaYesu Krestu, nongumntakwabo-Yakobi. Ndibhalela abo babiziweyo nguThixo, abo bathandwayo nguThixo uBawo, belondolozwe nguYesu Krestu.

2Ndithi: kuni makongame inceba, uxolo, nothando.

Abalahlekisi

3Zihlobo zam, besendizimisele ukunibhalela ndithethe ngosindiso olu lusidibanisileyo. Kuthe kusenjalo ndabona kuyimfuneko ngakumbi ukuba ndinibhalele ndinikhuthaze ukuba nizabalaze nilwele ukholo olu salunikezelwa ngokupheleleyo nguThixo, thina bantu bakhe.

4Kaloku abantu abathile banyebeleze bangena ebandleni. Aba bantu bâphawulelwa intshabalalo kwantlandlolo ziziBhalo. Bona baziintshaba zonqulo. Andithi kaloku bayasigqwetha isisa soThixo wethu, khon' ukuze bafumane ithuba lokurheletya! Ngokunjalo ke bayamchasa uMhlekazi, uYesu Krestu iNkosi yethu.

5Nakuba niyazi nje le ndawo, ndifuna ukukhe ndinikhumbuze ngayo. Kaloku iNkosi yawahlangula amaSirayeli eJiputa, kodwa kamva yabatshabalalisa abo bathi baveza intswela-mbeko nokuqhankqalaza.

6Khanikhumbule ngezithunywa zezulu. Kaloku inxalenye yazo zange yaneliseke zizikhundla zayo, yaza kananjalo yakreqa ekhayeni layo. Kungoku nje uThixo uzigcinele umhla omkhulu womgwebo.

correntes eternas para o julgamento do grande Dia.

Ngoku zisesithokothokweni senzonzobila apho ziqanyangelwe ngamatyathanga angasoze akhululeke.

[7] De maneira semelhante a estes, Sodoma e Gomorra e as cidades circunvizinhas entregaram-se à imoralidade e a todo tipo de depravação sexual. Estando sob o castigo do fogo eterno, essas cidades nos servem de exemplo.

[7]Kwakhona khumbulani ngeSodom neGomora nabamelwane bazo. Kaloku abantu bezi dolophu nabo babefana nezi zithunywa. Ewe, babephala phambili ekurheletyeni, bade bakhanukane ngokunxamnye nemvelo. Nabo abo ke basisilumkiso, kuba bawuzuza umvuzo wabo – umlilo ongacimiyo.

[8] Ora, estes, da mesma forma, como alucinados inconsequentes, não apenas contaminam o próprio corpo, mas rejeitam toda autoridade instituída e caluniam os seres celestiais.

[8]Kwangokunjalo ke naba banamaphupha, bangcolisa imizimba yabo, abakufuni ukulawulwa, futhi bayazingcikiva izithwala-ndwe zaphezulu.

[9] No entanto, nem mesmo o arcanjo Miguel, quando argumentava com o Diabo, e batalhava a respeito do corpo de Moisés, se atreveu a fazer qualquer acusação injuriosa contra o inimigo, limitando-se a declarar: “O Senhor te repreenda!”

[9]Aba bantu benza into engazange yenziwe nayinqununu yezithunywa uMikayeli. Kaloku xa babebangisana nomtyholi ngomzimba kaMosis,uMikayeli zange amenze isigculelo amgwebe, koko wathi: “Yanga ingakukhalimela iNkosi.”

[10] Apesar disso, esses tais, levianamente, difamam tudo o que não compreendem; e se corrompem até nas atitudes mais simples que aprendem por instinto, como animais irracionais, se corrompem.

[10]Kodwa bona aba bantu bayazingcikiva izinto abangaziqondiyo. Kambe ke zona izinto ábazazi ngemvelo, oku kwezilwanyana, zezona zikukufa kwabo.

[11] Ai deles! Porquanto trilharam o caminho de Caim, ávidos pelo lucro se jogaram no erro de Balaão, e foram tragados pela morte na rebelião de Corá.

[11]Yini le, bagabadele! Basekhondweni likaKayen. Bazintywilisele esonweni, khon' ukuze bazuze imali njengoBhalam. KwanjengoKora owayengafuni ukulawulwa, nabo bayagwayimba. Ngoko ke baya kutshabalala njengaye.

[12] Essas pessoas participam de vossas reuniões e celebrações fraternais, banqueteando-se convosco, sem o menor

[12]Aba bantu bayazixabhela izidlo zenu. Kaloku bangena kuzo beziindlobongela zeendlavini, ezingakhathalele mntu

pudor. Agem como pastores que a si mesmos se apascentam; vagam como nuvens sem água, impelidas pelos ventos. São como árvores sem folhas nem fruto, duas vezes mortas, arrancadas pela raiz.

ngaphandle kweziqu zazo. Bafana neengqimba zamafu aphehluzeliswa ngumoya, engezi nayo namvula. Bayimithi engathwali ziqhamo nasekwindla. Bafana nemithi enqukrulwe neengcambu yaza yatshabalala.

13 São como as ondas bravias do mar, espumando suas próprias indecências; estrelas errantes, para as quais estão preparadas as mais densas trevas por toda a eternidade.

13Aba bantu bafana namaza alatyuzayo elwandle; ibe ke zona izenzo zabo ziyafumba njengogwebu. Bafana neenkwenkwezi ezibhadulayo, ziwuphosile umendo wazo. UThixo ubalungiselela indawo esithokothokweni senzonzobila.

14 Ora, foi quanto a esses que Enoque, o sétimo a partir de Adão, profetizou: “Eis que vem o Senhor com milhares de milhares de seus santos,

14Kambe ke uInoki, owesixhenxe kwisizukulwana sika-Adam, wathetha kwantlandlolo ngaba bantu, wathi: “Khawukhangele! INkosi iyeza ikunye namawaka-waka ezithunywa zayo ezingcwele.

15 a fim de executar juízo sobre todos, e convencer a todos os ímpios de todas as ações malignas que cometeram, e de todas as palavras insolentes que os pecadores incrédulos proferiram contra Ele”.

15Iza kugweba isingele phantsi bonke abantu abangamkhathalelanga uThixo. Aba bantu iza kubagweba ngenxa yezinto ezimanyumnyezi abazenzileyo; ngokunjalo nangenxa yezenyeliso abazithethileyo bengcikiva uThixo.”

16 Tais pessoas vivem murmurando e se queixando, dominados por seus próprios desejos impuros. Sua boca proclama arrogância, e usam de adulação para conquistar seus objetivos.

16Aba bantu into abayaziyo kukukhalaza besola. Barhorhozela emva kweminqweno yabo egwenxa. Ngamabhongo abo baqhayisa baqhathe abantu, khon' ukuze babaxhaphaze.

Izilumkiso neziyalo

17 Vós, entretanto, amados, lembrai-vos das palavras anteriormente proferidas pelos apóstolos de nosso Senhor Jesus Cristo,

17Kodwa ke, zihlobo zam, akulahlwa mbeleko ngakufelwa! Ngoko ke wakhumbuleni amazwi enawaxelelwa ngabathunywa beNkosi yethu uYesu Krestu.

18 os quais vos alertavam: “Nos últimos tempos, haverá zombadores que seguirão as suas próprias e ímpias vontades”.

18Kaloku babetshilo ukuthi: “Ngemihla yokugqibela kuya kuvela abantu

abalunyelisayo unqulo, bekhukuliswa yiminqweno yabo egwenxa."

[19] Estes são os que provocam divisões entre vós, os quais são dominados pelas paixões de suas próprias almas e não têm o Espírito.

[19]Aba bantu badala iyantlukwano. Kaloku bona balawulwa yiminqweno yemvelo; abanalo ifuthe likaMoya.

Exortação e doxologia final

[20] Vós, porém, amados, edificai-vos na santíssima fé que tendes, orando no Espírito Santo.

[20]Ngoko ke nina, zihlobo zam, zingisani nizakhe elukholweni lwenu olunyulu. Thandazani niqhutywa nguMoya oyiNgcwele.

[21] Conservai-vos no amor de Deus, aguardando confiantemente a misericórdia de nosso Senhor Jesus Cristo para a vida eterna.

[21]Uthando lukaThixo maluhlale lunifumbathile ngoku nilinde iNkosi yethu uYesu Krestu. Kaloku yena unenceba, uya kunipha ubomi obungapheliyo.

[22] E demonstrai compaixão para com alguns que não possuem essa certeza,

[22]Velanani nabo abathandabuzayo;

[23] assim como salvai a outros, arrebatando-os do fogo; e a outros, ainda, ajudai com misericórdia e temor, repugnando até a roupa contaminada pela carne.

[23]abanye nibarhiwule ngathi nibakhupha emlilweni, nibasindise. Kwabanye inceba yenu yixubeni noloyiko. Kaloku kufuneka nithiye kwanempahla le yomntu odyojwe kukungcola kwesimo sakhe esonakeleyo.

Umbongo

[24] Àquele que é poderoso para vos impedir de cair e para vos apresentar sem máculas e com grande júbilo, perante a sua glória,

[24]Ke kaloku, kulowo unako ukunigcina ningawi, aze animise ebuqaqawulini bakhe ningenabala, nichulumacha,

[25] ao único Deus, nosso Salvador, sejam glória, majestade, poder e autoridade, por intermédio de Jesus Cristo, nosso Senhor, antes de todas as eras, agora e para todo o sempre! Amém.

[25]ewe, kuThixo okukuphela kwakhe, uMsindisi wethu ngaye uYesu Krestu iNkosi yethu, makubekho isidima nobungangamsha, amandla namagunya, kusukela ephakadeni, nanamhlanje, nanini-nanini na! Amen!

Apocalipse	IsiTyhilelo

Apocalipse 1

Título e assunto do livro

1 Revelação de Jesus Cristo, que Deus lhe concedeu para mostrar a seus servos os acontecimentos que em breve devem se realizar, e que Ele, por intermédio do seu anjo, expressou ao seu servo João,

2 o qual comprovou tudo quanto viu da Palavra de Deus e o testemunho de Jesus Cristo.

3 Bem-aventurados os que lêem, bem como os que ouvem, as palavras desta profecia e obedecem às orientações que nela estão escritas, porquanto o tempo desses eventos está às portas.

Saudação às sete igrejas da Ásia

4 João, às sete igrejas que estão na província da Ásia: graça e paz a vós outros, da parte daquele que é, que era e que há de vir, e da parte do sétuplo Espírito que o assiste diante do seu trono,

5 e de Jesus Cristo, que é a Testemunha fiel, o Primogênito dentre os mortos e o Soberano dos reis da terra. Ele, que nos ama e, mediante seu sangue, nos libertou de todos os nossos pecados,

6 e nos constituiu reino e sacerdotes para servir a Deus, seu Pai; a Ele, portanto, sejam glória e domínio pelos séculos dos séculos. Amém!

7 Eis que Ele vem com as nuvens, e todo olho o verá, até mesmo aqueles que o

IsiTyhilelo 1

Intshayelelo

1Nasi isityhilelo esaboniswa uYesu Krestu nguThixo. Wasiboniswa khon' ukuze yena abonise izicaka zakhe izinto eziza kuhla kamsinya. Esi sityhilelo uYesu wasithumela ngesithunywa sezulu kwisicaka sakhe uYohane.

2Yena ke uYohane wayibhala wayixela yonke into awayibonayo. Ngoku ke uchaza udaba lukaThixo olo walutyhilelwa nguYesu Krestu.

3Unoyolo kambe umntu owafundayo amazwi olu daba, benoyolo nâbo bawaphulaphula bawathathele ingqalelo. Kaloku ixesha lokuzalisekiswa kwawo lisemnyango.

4Mna Yohane ndibhalela amabandla asixhenxe akwiphondo laseAsiya, ndisithi: Kuwo makube sisisa noxolo oluvela kuNdikhoyo, lowo wayekho, oya kusoloko ekho; nakubo ooMoya abasixhenxe abaphambi kwakhe ebhotwe;

5ngokunjalo nakuYesu Krestu, olingqina elithembekileyo,inkulu yâbo bavuka bebefile, nomlawuli wezikumkani zehlabathi.Kaloku yena lowo usithandayo, ngokuphalala kwegazi lakhe, usikhulule ezonweni zethu.

6Ewe, yena usenze ababingeleli basebhotwe ukuze sikhonze uThixo uYise. Mabube kuye ke ubungangamsha nolawulo nanini-nanini! Amen.

7Khawukhangele, nanko esiza ekhatshwa ngamafu! Lonke uluntu luya kumbona,

traspassaram, e todas as tribos da terra se lamentarão por causa dele. Certamente, assim será. Amém!

8 “Eu Sou o Alfa e o Ômega”, declara o Senhor Deus, “Aquele que é, que era e que há de vir, o Todo-Poderoso.”

9 Eu, João, irmão e vosso companheiro de sofrimento, no Reino e na perseverança na fé em Jesus, estava na ilha de Patmos, por causa da Palavra de Deus e do testemunho de Jesus.

10 E, no dia do Senhor, achei-me exaltado no Espírito, quando ouvi atrás de mim uma voz forte, como o som de trombeta,

11 que dizia: “Escreve em um livro o que vês e envia-o a estas sete igrejas: Éfeso, Esmirna, Pérgamo, Tiatira, Sardes, Filadélfia e Laodiceia”.

12 Voltei-me para observar quem falava comigo e, voltando-me, vi sete candelabros de ouro

13 e, entre os candelabros, alguém semelhante a um ser humano, vestindo uma longa túnica que chegava a seus pés, e um cinturão de ouro ao redor do peito.

14 Sua cabeça e seus cabelos eram brancos como a lã, tão brancos quanto a neve, e seus olhos, como uma chama de fogo.

nkqu nabo bâmhlabáyo. Ewe, zonke izizwe ziya kungqukruleka zizisola. Injalo ke loo nto! Amen.

8“Ndim isiqalo nesiphelo,” itsho iNkosi uThixo, uSomandla, uNdikhoyo, owayekho, lowo uya kusoloko ekho.

UYohane ubona uKrestu

9NdinguYohane umwenu onenxaxheba ebunzimeni, kunyamezelo, nasekulawulweni – zinto ezo zisibandakanyayo thina bamanyiweyo noYesu. Ke kaloku ndazibona sendisesiqithini sePatimo ngenxa yokushumayela ilizwi likaThixo nokungqina ngoYesu.

10Kwathi ngomhla weCawe ndaba semandleni kaMoya, ndaza ndeva ilizwi lihlokoma ngathi lixilongo emva kwam.

11Lenjenje ukuthetha: “Ezi zinto uzibonayo zibhale encwadini, uzithumele kula mabandla osixhenxe: e-Efese, eSmirna, ePergamo, eTiyatire, eSardes, eFiladelfiya, naseLawodike.”

12Ndakhangela ngasemva, ndifuna ukuqonda ukuba ngaba lalilelikabani na eli lizwi ndandiliva lithetha nam. Ndithe ndakubheka, ndabona kumi izibane ezisixhenxe zegolide.

13Phakathi kwazo kwakukho into engathi ngumntu, itsho ngezivatho ezaziye kuthi xhaxhe ezinyaweni, ithe thande ibhanti yegolide esifubeni.

14Iinwele zayo zazimhlophe okwekhephu, itsho ngamehlo abukhali, alenya okwamadangatye omlilo.

[15] Seus pés reluziam como o metal, quando é refinado em fornalha ardente, e sua voz como o som de muitas águas.

[16] Tinha em sua mão direita sete estrelas, e de sua boca saía uma espada com dois gumes afiados. Seu rosto era como o próprio sol quando brilha em todo o seu esplendor.

[17] Assim que o admirei, caí a seus pés como se estivesse morto. Então, Ele colocou sua mão direita sobre mim, e disse: “Não tenhas medo, Eu Sou o primeiro e o último.

[18] Eu Sou o que vive; estive morto, mas eis que estou vivo por toda a eternidade! E possuo as chaves da morte e do inferno.

[19] Portanto, escreve sobre tudo o que tens visto, tanto os eventos que se referem ao presente como aqueles que sucederão depois desses.

[20] Este é o mistério das sete estrelas, que viste na minha mão direita, e dos sete candelabros de ouro: as estrelas são os anjos das sete igrejas, e os sete candelabros são as sete igrejas”.

Apocalipse 2

Cartas às sete igrejas da Ásia. Primeira carta, à igreja de Éfeso

[1] “Ao anjo da igreja em Éfeso escreve: ‘Assim declara Aquele que tem as sete estrelas na mão direita e anda no meio dos sete candelabros de ouro:

[2] Conheço as tuas obras, tanto o teu trabalho árduo como a tua perseverança, e

[15]Yayineenyawo ezibengezela okobhedu olugudisiweyo,ilizwi layo livakala ngathi sisandi samanzi engxangxasi.

[16]Yayiphethe iinkwenkwezi ezisixhenxe ngesandla sokunene, emlonyeni kuphuma ikrele elibukhali, libazwe macala, ubuso bayo buqaqamba njengelanga mhla ligqats' ubhobhoyi.

[17]Ndithe ke ndakumbona, ndajuba ezinyaweni zakhe, ndanjengofileyo. Ke yena wasibeka phezu kwam isandla sakhe sokunene, wathi: “Musa ukoyika. Mna ndingowokuqala, ndikwangowokugqibela.

[18]Ndingohleliyo. Ndandifile. Kodwa khangela ndim lo ndikho, kuya kude kube nini-nini. Ukufa ndiyakulawula; kwanelabafileyo ndiyalilawula.

[19]Ngoko ke zibhale ezo zinto uzibone zisenzeka, kwanezo zenzekayo, neziya kuhla.

[20]Nantsi ke ingcaciso yento ethethwa ziinkwenkwezi ezisixhenxe ezisesandleni sam sokunene, kwanezibane ezisixhenxe zegolide: Iinkwenkwezi ezisixhenxe ngabameli bamabandla asixhenxe. Izibane ezisixhenxe zona ngamabandla lawo.”

IsiTyhilelo 2

Udaba oluya e-Efese

[1]“Bhalela ummeli webandla lase-Efese, uthi: ‘Nanga amazwi avela kulowo uphethe iinkwenkwezi ezisixhenxe ngesandla sokunene, ujikeleza phakathi kwezibane ezisixhenxe zegolide.

[2]Ndiyayazi indlela obusebenza ngayo ubulaleka, unenyameko. Ndiyazi ukuba

que não podes tolerar pessoas más, e que puseste à prova aqueles que a si mesmos se declaram apóstolos mas não são, e descobriste que eram impostores.

3 Tens perseverado e suportado sofrimentos de toda espécie por causa do meu Nome, e não te deixaste desfalecer.

4 Entretanto, tenho contra ti o fato de que abandonaste o teu primeiro amor.

5 Recorda-te, pois, de onde caíste, arrepende-te e volta à prática das primeiras obras. Porquanto, se não te arrependeres, em breve virei contra ti e tirarei o teu candelabro do seu lugar.

6 Tens, contudo, a teu favor que odeias as práticas dos nicolaítas, as quais Eu também odeio'.

7 Quem tem ouvidos, compreenda o que o Espírito declara às igrejas: 'Ao vencedor darei o direito de comer da árvore da vida, que está no paraíso de Deus'."

Segunda carta, à igreja de Esmirna

8 "Ao anjo da igreja em Esmirna escreve: 'Aquele que é o primeiro e o último, que foi morto e ressuscitado, faz as seguintes afirmações:

9 Conheço as tuas aflições e a tua pobreza; contudo, tu és rico! Conheço a blasfêmia dos que se dizem judeus mas não são, pelo contrário, são sinagoga de Satanás.

10 Não temas nada do que estais prestes a sofrer! Eis que o Diabo está para lançar alguns de vós na prisão; a fim de que sejais provados, e sofrereis perseguição durante

akubanyamezeli abantu abakhohlakeleyo. Ubavavanyile abo babesithi bangabathunywa bengengabo, wabafumanisa bengamaxoki.

3Ubunzima ubuthwele ngenyameko ngenxa yam, akoyiswa.

4Kodwa ke nantsi indawo ngakuwe: Akusandithandi njengoko wawundithanda ekuqaleni.

5Khawukhumbule indlela owawa bhaxa ngayo. Yahlukana nezono; qhuba ngendlela obuhamba ngayo ekuqaleni. Ukuba akuguquki, ndiya kuza ndisisuse isibane sakho endaweni yaso.

6Kambe ke nantsi indawo ekuthethelelayo: Imikhwa yamaNikolawo uyithiyile kanye njengam.

7" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni! " 'Lowo woyisileyo ndomnika ilungelo lokutya kumthi wobomiosemyezweni kaThixo. ' "

Udaba oluya eSmirna

8"Bhalela ummeli webandla laseSmirna, uthi: 'Nanga amazwi alowo ungowokuqala ukwangowokugqibela, owayefile wabuya wavuka:

9Ndiyayazi indlela ebenicinezeleke ngayo, nihlwempuzekile. Kodwa niziziyebi phezu koko. Ndiyayazi indlela ebenenyeliswa ngayo ngabo bazenza amaJuda – baligqbuba likaSathana!

10Nize ningayoyiki intshutshiso ezayo. Abanye benu umtyholi uza kubaphosa entolongweni, enivavanya. Nophatheka nzima iintsuku ezilishumi. Nize ninyaniseke

dez dias. Sê fiel até a morte, e Eu te darei a coroa da vida!'

[11] Aquele que tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas: 'O vencedor de maneira alguma sofrerá a punição da segunda morte'."

Terceira carta, à igreja de Pérgamo

[12] "Ao anjo da igreja em Pérgamo escreve: 'Assim declara Aquele que tem a espada de dois gumes afiados:

[13] Conheço o lugar em que vives, onde se encontra o trono de Satanás. Apesar disso, permaneces fiel ao meu Nome e não renunciaste à tua fé em mim, nem mesmo quando Antipas, minha leal testemunha, foi morto nessa cidade, onde Satanás habita.

[14] Tenho, contudo, contra ti algumas admoestações, porquanto tens contigo os que seguem a doutrina de Balaão, que ensinou Balaque a armar ciladas contra os filhos de Israel, induzindo-os a comer alimentos sacrificados a ídolos e a se entregarem à prática da prostituição.

[15] Além disso, tens também alguns que, semelhantemente, seguem a doutrina dos nicolaítas.

[16] Diante do exposto, arrepende-te! Caso contrário, logo virei contra ti e contra eles pelejarei com a espada da minha boca'.

[17] Quem tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas: 'Ao vencedor proporcionarei do maná escondido, bem como lhe darei uma pedra branca, e sobre essa pedra branca estará grafado um novo nome, o qual ninguém conhece, a não ser aquele que o recebe'."

Quarta carta, à igreja de Tiatira

kude kuse ekufeni. Ndonithwesa imbasa yobomi.

[11]" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni! " 'Lowo woyisileyo akanako ukwenziwa nto kukufa kwesibini. ' "

Udaba oluya ePergama

[12]"Bhalela ummeli webandla lasePergama, uthi: 'Olu daba luvela kulowo unekrele elibukhali elibaze macala.

[13]Ndiyayazi le ndawo uhlala kuyo: Kusebhotwe kwaSathana! Kodwa nakuba kunjalo awundilahlanga. Awuzange utyhafe undikhanyele, nangethuba kwakubulawa ingqina lam elithembekileyo uAntipas, apho kuloo dolophu yakho ilikhaya likaSathana.

[14]Kambe ke ndineendawana ezingandikholisiyo apha kuwe: Kwalapho kuwe bakho abasabambelele kwimfundiso kaBhalam. Kaloku yena ngulowa wafundisa uBhalaki ukulukuhla amaSirayeli. Wawakhuthaza ukuba atye ukutya okwenzelwe izithixo, arheletye.

[15]Ngokukwanjalo ke nalapho kuni bakho ababambelele kwimfundiso yamaNikolawo.

[16]Ngoko ke guquka, kungenjalo abo bantu ndiya kubahlasela ngekrele lomlomo.

[17]" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni! " 'Lowo woyisileyo ndiya kumpha imana efihliweyo. Ndiya kumnika nelitye elimhlophe apho kukrolwe igama elitsha elingaziwa mntu ngaphandle kwalowo lilelakhe.' "

Udaba oluya eTiyatire

[18] “Ao anjo da igreja em Tiatira escreve: ‘Assim declara o Filho de Deus, cujos olhos são como chama de fogo e os pés como bronze reluzente:

[19] Conheço as tuas obras, o teu amor, a tua fé, o teu ministério, a tua perseverança, bem como sei que estais servindo muito mais agora do que no princípio.

[20] No entanto, tenho contra ti o fato de que toleras Jezabel, aquela mulher que se diz profetisa, porém, com seus ensinos induz os meus servos à imoralidade sexual e a comerem alimentos sacrificados aos ídolos.

[21] Concedi-lhe tempo para que se arrependesse da sua prostituição, mas ela não quer arrepender-se.

[22] Portanto, eis que a farei adoecer e enviarei grande aflição sobre aqueles que com ela cometem adultério, a não ser que se arrependam das suas más ações.

[23] Matarei os seguidores dessa mulher, e todas as igrejas saberão que Eu Sou aquele que sonda mentes e corações, e portanto, retribuirei a cada um de vós de acordo com as vossas obras.

[24] Todavia, aos demais que estão em Tiatira e que não seguem a doutrina dessa mulher, e não aprenderam, como eles costumam falar, os profundos segredos de Satanás, afirmo: ‘Não colocarei outra carga sobre vós!

[25] Tão-somente apegai-vos com firmeza ao que tendes, até que Eu venha.

[18]“Bhalela ummeli webandla laseTiyatire, uthi: ‘Nalu udaba oluvela kuNyana kaThixo, yena unamehlo alenya ngathi ngamadangatye omlilo, onyawo zimenyezela ngathi lubhedu olugudisiweyo.

[19]Ndiyasazi isimo sakho: unothando; uthembekile, ukhuthele, unomonde. Futhi ndiyaqonda ukuba ngoku uthath' unyawo kunakuqala.

[20]Kambe ke ndinendawo ngakuwe: Kaloku awumchasi uJezebhele, intokazi ethi ingumshumayeli. Ngemfundiso yakhe izicaka zam uziwexulela ekurheletyeni nasekutyeni ukutya okwenzelwe izithixo.

[21]Nakuba ndimnikile ithuba lokuguquka ezonweni zakhe, akazimiselanga ukwahlukana nokurheletya.

[22]Ngoku ke ndiya kumphosa emandlalweni apho aya kuthi yena kunye nabo arheletya nabo bangcungcutheke. Le nto ndiza kuyenza; ngaphandle kokuba bangaguquka kule nkohlakalo bayenza kunye naye.

[23]Ndiya kubabulala abalandeli bakhe. Onke amabandla aya kuqonda ukuba mna ndiyazazi iingcinga neenjongo zabantu. Umntu ngamnye ndiya kumamkelisa ngokwezenzo zakhe.

[24]“ ‘Kodwa ke abanye benu apha eTiyatire khange bayingene le mfundiso. Aninamava ngale nto abanye bathi yimfihlelo kaSathana. Nina andiyi kunibeka xanduva lumbi.

[25]Kambe ke namathelani kuloo nto ninayo ndide ndifike.

[26] Ao vencedor, aquele que permanecer nas minhas obras até o fim, Eu lhe darei autoridade sobre as nações.

[27] Ele as governará com cetro de ferro e as reduzirá a pedaços como se fossem vasos de barro.

[28] Eu lhe concederei autoridade semelhante à que recebi de meu Pai. Também lhe darei a estrela da manhã'.

[29] Aquele que tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas!"

[26]Lowo woyisileyo, ewe, onyamezeleyo ekwenzeni ukuthanda kwam kwada kwasesiphelweni, ndiya kumnika amagunya phezu kwezizwe.

[27]Uya kuzilawula ngentonga yentsimbi izizwe, azintlekeze njengezitya zodongwe.

[28]Loo magunya ndawathatha kuBawo. Nam ke ndiya kumnika ikhwezi lokusa.

[29]" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni!' "

Apocalipse 3

Quinta carta, à igreja de Sardes

[1] "Ao anjo da igreja em Sardes escreve: 'Assim declara Aquele que tem os sete espíritos de Deus e as estrelas: Conheço as tuas obras, que tens fama de estar vivo, mas de fato, estás morto.

[2] Sê alerta! E fortalece o que ainda resta e estava prestes a morrer; porque não tenho encontrado integridade em tuas obras diante do meu Deus.

[3] Portanto, lembra-te daquilo que tens recebido e ouvido; obedece e arrepende-te. Porquanto se não estiveres vigilante, virei como um ladrão, e tu não sabereis em que hora virei contra ti.

[4] Contudo, tens em Sardes algumas pessoas que não contaminaram suas vestes; elas caminharão comigo, vestidas de branco, pois são dignas.

[5] Assim, o vencedor andará trajado com vestes brancas, e de modo algum apagarei o seu nome do Livro da Vida; pelo contrário,

IsiTyhilelo 3

Udaba oluya eSardes

[1]"Bhalela ummeli webandla laseSardes, uthi: 'Nanga amazwi avela kulowo uphethe ooMoya abasixhenxe bakaThixo, neenkwenkwezi ezisixhenxe: Ndiyazazi iindlela zakho. Ndiyazi ukuba nakuba udume ngokuphila nje, ufile kodwa.

[2]Vuka, uhlaziye loo ntlantsana isahleliyo, hleze ife nayo! Akukho namnye umsebenzi wakho endiwufumene ugqibekile phambi kukaThixo.

[3]Ngoko ke khumbula iimfundiso ozifumeneyo; zilandele, uguquke. Ukuba akuvuki, ndofika njengesela – akuyi kwazi nokuba bendifike nini na.

[4]Phofu unabantu abambalwa eSardes abangazingcolisanga bona izambatho zabo. Bohamba bevathe ezimhlophe kunye nam, yaye ibafanele loo nto.

[5]Lowo woyisileyo wovatha ezimhlophe. Andisoze ndilicime igama lakhe kuludwe lwamagama abo baphilayo. Kaloku ndiya

reconhecerei o seu nome na presença do meu Pai e dos seus anjos.

[6] Aquele que tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas.'"

Sexta carta, à igreja de Filadélfia

[7] "Ao anjo da igreja em Filadélfia escreve: 'Assim declara Aquele que é santo e verdadeiro, que possui a chave de Davi. O que Ele abre ninguém consegue fechar, e o que Ele fecha ninguém pode abrir:

[8] Conheço as tuas obras. Eis que tenho colocado diante de ti uma porta aberta que ninguém consegue fechar; tens pouca força, mas obedeceste à minha Palavra e não negaste o meu Nome.

[9] Farei aos da sinagoga de Satanás, aos que se dizem judeus e não são, mas mentem; sim, farei que venham adorar prostrados aos teus pés e saibam que Eu te amo!

[10] Porque deste atenção à minha exortação quanto a suportar os sofrimentos com paciência, Eu, igualmente, te livrarei da hora da tribulação que virá sobre o mundo todo, para pôr à prova os que habitam sobre a terra.

[11] Eis que venho sem demora! Conserva o que tens, para que ninguém tome a tua coroa.

[12] Farei do vencedor uma coluna no templo do meu Deus, de onde jamais sairá. Escreverei nele o Nome do meu Deus e o nome da cidade do meu Deus, a nova Jerusalém que desce do céu da parte do meu Deus; e igualmente escreverei nele o meu novo Nome.

kumvuma ukuba ungowam phambi kukaBawo nezithunywa zakhe.

[6]" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni!' "

Udaba oluya eFiladelfiya

[7]"Bhalela ummeli webandla laseFiladelfiya, uthi: 'Nanga amazwi avela kulowo uyingcwele, ungowenene, uphethe izitshixo zakwaDavide; lowo uthi akuvula kungavali bani, athi akuvala kungavuli mntu.

[8]Ndiyazazi iindlela zakho. Khangela ndibeke ucango oluvuliweyo phambi kwakho. Akukho bani unako ukuluvala. Ndiyazi ukuba amandlana onawo akangako, kodwa ulithobele ilizwi lam, àkwandikhanyela.

[9]Ndiya kwenza le nto ke: Abo baligqubа likaSathana, amamenemene azenza amaJuda engengawo, ndiya kubathoba, bakhahlele kuwe, bazi ukuba ndiyakuthanda.

[10]Ke ngenxa yokuba uzingisile ekulithobeleni ilizwi lam elikubizela ekunyamezeleni, ndiza kukuhlangula kwishwangusha eliza ehlabathini lize kulinga bonke abantu.

[11]Ndiyeza kwakamsinya. Yilondoloze imbo yakho. Lumka hleze ixhwilwe imbasa yakho.

[12]Lowo woyisayo ndiya kumenza intsika yendlu kaThixo wam, angaze ahlukane nayo. Ndiya kulibhala kuye igama likaThixo wam negama lesixeko sikaThixo wam. Ewe, ndixela iJerusalem entsha, leyo izayo, iphuma ezulwini kuThixo wam.Ngokunjalo ndiya kulibhala kuye negama lam elitsha.

[13] Aquele que tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas'."

Sétima carta, à igreja de Laodiceia

[14] "Ao anjo em Laodiceia escreve: 'Assim declara o Amém, a testemunha fiel e verdadeira, o Soberano da criação de Deus.

[15] Conheço as tuas obras, sei que não és frio nem quente. Antes fosses frio ou quente!

[16] E, por este motivo, porque és morto, não és frio nem quente, estou a ponto de vomitar-te da minha boca.

[17] E ainda dizes: 'Estou rico, conquistei muitas riquezas e não preciso de mais nada'. Contudo, não reconheces que és miserável, digno de compaixão, pobre, cego e que está nu!

[18] Portanto, ofereço-te este conselho: Adquire de mim ouro refinado no fogo, a fim de que te enriqueças; roupas brancas, para que possas cobrir tua vergonhosa nudez; e compra o melhor colírio para que, ao ungir os teus olhos, possas enxergar claramente.

[19] Eu repreendo e corrijo a todos quantos amo: sê pois diligente e arrepende-te.

[20] Eis que estou à porta e bato: se alguém ouvir a minha voz e abrir a porta, entrarei em sua casa e cearei com ele, e ele comigo.

[21] Ao vencedor, Eu lhe concederei que se assente comigo no meu trono, assim como Eu venci e me assentei com meu Pai no seu trono.

[13]" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni!' "

Udaba oluya eLawodike

[14]"Bhalela ummeli webandla laseLawodike, uthi: 'Nalu udaba oluvela kuAmen, olingqina elithembekileyo nelinyanisekileyo. Yena ngumthombo wayo yonke indalo kaThixo.

[15]Ndiyasazi isimo sakho: Awubandi, awushushu. Akwaba ubushushu okanye ubanda!

[16]Kodwa ke ngenxa yokuba udikidiki, ungeshushu ungabandi, ndiza kukutshica.

[17]Uzingca ngokuba usisityebi, umi kakuhle. Uthi awuswele nto. Enyanisweni nakuba ungaqondi nje ungowokusizelwa, impula kalujaca, kuba ulihlwempu, imfama, uzé.

[18]Ngoko ke ndikucebisa ukuba uthenge kum igolide enyityilikiswe ngomlilo yacwenga, ukuze ube sisityebi. Ngokunjalo thenga neempahla ezimhlophe, ukuze ubufihle ubuze bakho. Thenga nentambiso, uqabe amehlo akho, khon' ukuze ubone.

[19]Abo ndibathandayo ndiyabakhalimela ndibohlwaye. Ngoko ke zimisele, uguquke.

[20]Uyabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza. Ukuba umntu uyeva aze avule, ndiya kungena ndihlale naye, sitye kunye.

[21]Lowo woyisileyo uya kuba nenxaxheba ebhotwe. Kaloku nam ndoyisa ndaza ndafumana inxaxheba yokungqendeva noBawo ebhotwe.

22 Aquele que tem ouvidos, compreenda o que o Espírito revela às igrejas!'"

Apocalipse 4

A visão do trono da majestade divina. Os vinte e quatro anciãos e os quatro animais

1 Depois desses acontecimentos, observei uma porta no céu, e a primeira voz que eu ouvira, voz como de trombeta, falando comigo, chamou-me: "Sobe até aqui, e Eu te revelarei os eventos que devem ocorrer depois destes".

2 Imediatamente, me vi absolutamente tomado pelo Espírito, e diante de mim estava um trono no céu e nele estava assentado alguém.

3 Aquele, pois, que estava assentado tinha a fisionomia semelhante às pedras lapidadas de diamante e sardônio. Ao redor do trono, reluzia um arco-íris parecendo uma esmeralda.

4 Também ao redor do trono havia vinte e quatro outros tronos; vi assentados sobre eles vinte e quatro anciãos, vestidos de branco e com coroas de ouro sobre a cabeça.

5 Do trono emanavam relâmpagos, vozes e trovões. Perante Ele estavam acesas sete lâmpadas de fogo, que são os sete espíritos de Deus.

6 E diante do trono, ainda, havia algo semelhante a um mar de vidro, translúcido como o cristal. No centro, circundando o

22" 'Lowo uneendlebe zokuva makaluve udaba oluthethwa nguMoya ebandleni.' "

IsiTyhilelo 4

Umbono wezulu

1Emva koko ndabona izulu livulekile phambi kwam. Ndeva eliya lizwi bendilive lithetha nam, lihlokoma okwexilongo lisithi kum: "Yiza ngapha ndikubonise izinto ezimelwe kukwenzeka emva kwezi."

2Ngoko nangoko ndaba semandleni kaMoya. Ndabona apho ezulwini kukho isihlalo sobukhosi.

3Kwakuhleli kuso ingangalala ekhazimla okwamatye exabiso, akudidi loozidayimani ngokumenyezela, ekuthiwa yijaspa nekorneli ukubizwa kwawo. Isihlalo eso sasinesangqa somnyama owawubengezela nawo oku kwelitye lexabiso eliluhlaza ekuthiwa yiemeraldi ukubizwa kwalo.

4Kwakukho nezinye izihlalo zithe thande, zingqonge isihlalo sobukhosi, zingamashumi mabini anesine; kukho namadoda amakhulu angamashumi mabini anesine awayethe nqwadalala kwezo zihlalo. Ayethe wambu ezimhlophe iingubo, ethwele izithsaba zegolide.

5Apho esihlalweni sobukhosi kwakutshawuza imibane, kugragrama iindudumo. Kwakukho nezibane ezisixhenxe ezivuthayophambi kwaso, ezingooMoya abasixhenxe bakaThixo.

6Kwakukho nento eyayingathi lulwandle lweglasi, ithe thebelele apho ngasesihlalweni, icwenge ngathi

trono, havia quatro seres viventes cobertos de olhos, tanto na frente como nas costas.

ngumkhenkce. Esazulwini apho, kanye ngasesihlalweni, kwakuhleli izilwanyana ezine zinamehlo macala onke, zingqonge isihlalo eso kanye.

[7] O primeiro aparentava um leão, o segundo era semelhante a um touro, o terceiro tinha um semblante como o de homem, o quarto parecia uma águia em pleno vôo.

[7]Isilwanyana sokuqala sasifana nengonyama. Esesibini sasinjengenkomo. Esesithathu sasifana nomntu, esesine sinjengokhozi luphaphazela.

[8] Cada um desses seres tinha seis asas e eram repletos de olhos, tanto ao redor como por baixo das asas. Dia e noite proclamam sem cessar: “Santo, santo, santo é o Senhor Deus, o Todo-Poderoso, Aquele que era, que é e que há de vir!”

[8]Isilwanyana ngasinye sasinamaphiko amathandathu, sinamehlo ngapha nangapha.Zazidumisa zingayeki emini nasebusuku, zisithi: “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele, Nkosi Thixo Somandla, wena ubukade ukho, wena ukhoyo, uya kuhlala ukho!”

[9] Toda vez que os seres viventes exclamam glória, honra e graças Àquele que está assentado no trono e que vive para todo sempre,

[9]Lo gama izilwanyana ezine zibongayo, zidumisa, zibulela kulowo unguSonini-nanini uhleli esihlalweni sokulawula,

[10] os vinte e quatro anciãos se prostram diante daquele que está assentado no trono e adoram Aquele que vive para todo o sempre. Eles lançam suas coroas diante do trono e declaram:

[10]wona amadoda amakhulu angamashumi amabini anesine ayekhahlela, enqula kulowo uhleli esihlalweni, unguSonini-nanini. Ayedanduluka, atsho azibeke nezithsaba zawo phambi kwengangalala, athi:

[11] “Nosso Senhor e nosso Deus, tu és digno de receber a glória, a honra e o poder, porquanto tu és o Criador de tudo e, por tua soberana vontade, tudo o que há, foi criado e veio a existir”.

[11]“Ufanelwe, Nkosi, Thixo, ngumbongo; imbeko negunya zezakho! Kaloku iinto zonke zadalwa nguwe; zabakho, zanobomi ngokuthanda kwakho.”

Apocalipse 5

O livro selado com sete selos. Somente o Cordeiro é digno de abri-lo

[1] Então, observei na mão direita daquele que está assentado no trono um livro em forma de rolo, escrito de ambos os lados e selado com sete selos.

IsiTyhilelo 5

IXhwane livula incwadi

[1]Ke kaloku ndabona kukho ohleli esihlalweni sokulawula, esandleni sakhe sokunene ephethe incwadi. Yona ke yayibhalwe macala, futhi iyincwadi

enamacandelo asixhenxe. Icandelo ngalinye lalinophawu olugunyazisa ukuba yovulwa ngonelungelo kuphela.

2 Vi, também, um anjo forte, que proclamava em grande voz: “Quem é digno de abrir o livro e de lhe romper os selos?”

2Kananjalo ndabona ingwanyalala yesithunywa sezulu esakhwaza sabuza sathi: “Ngaba ngubani ofanelekileyo onokuluqhaqha uphawu, ayivule le ncwadi?”

3 No entanto, não havia ninguém, nem no céu, nem na terra nem debaixo da terra, que pudesse abrir o livro, ou ao menos olhar para ele.

3Kambe ke zange afumaneke onako ukuyivula ayifunde, nditsho nasezulwini, emhlabeni, naphantsi komhlaba.

4 E eu chorava muito, porque não se encontrou ninguém que fosse digno de abrir o livro e de olhar para ele.

4Kuthe kwakungafumaneki bani ukufaneleyo ukuyivula ayifunde incwadi leyo, zehl' iinyembezi kum.

5 Então, um dos anciãos consolou-me, afirmando: “Não chores, pois o Leão da tribo de Judá, a raiz de Davi, venceu para abrir o livro e romper os sete selos”.

5Kodwa ke enye yamadoda amakhulu yandikhalimela yathi: “Musa ukulila. Kaloku iNgonyama yesizwe sikaJuda, umnombo kaDavide,igqwesile, ikufanele ukuluqhaqha uphawu ngalunye, iyivule incwadi.”

6 Nisso, aconteceu que reparei, no meio do trono e dos quatro seres viventes e entre os anciãos, em pé, um Cordeiro que parecia estar morto, e tinha sete chifres e sete olhos, que são os sete espíritos de Deus enviados a toda a terra.

6Ndaza ke ndabona iXhwane limi bhuxe esazulwini sebhotwe. Lalingqongwe zizilwanyana ezine, ngokunjalo nangamadoda amakhulu. IXhwane eli lalibonakala ngathi lagwintwa. Lalineempondo ezisixhenxe, namehlo asixhenxe, angooMoya abasixhenxe bakaThixo abathunyelwe ehlabathini liphela.

7 Ele veio e pegou o livro da mão direita de quem estava assentado no trono.

7IXhwane eli laya kulowo wayehleli esihlalweni sokulawula, lafika layithatha incwadi leyo esandleni sakhe sokunene.

8 E assim que o recebeu, os quatro seres viventes e os vinte e quatro anciãos prostraram-se diante do Cordeiro. Cada um

8Lithe iXhwane lakuyithatha incwadi leyo, izilwanyana ezine ndawonye namashumi amabini anesine amadoda amakhulu, asuka ee guqaqa phambi kwalo. Indoda nganye

deles tinha uma harpa e taças de ouro cheias de incenso, que são as orações dos santos;

yayinehapu nesitya segolide esizele ziziqhumiso eziyimithandazo yosapho lukaThixo.

[9] e eles cantavam um cântico novo: “Tu és digno de tomar o livro e de abrir seus selos, porque foste morto, e com o teu sangue compraste para Deus homens de toda tribo, língua, povo e nação.

[9]Ayevuma ingoma entsha, esithi: “Ukufanele wena ukuyithatha incwadi; ukufanele wena ukuluqhaqha uphawu lwayo. Ewe, kaloku wena wabulawa; ngegazi lakho waluthengela uThixo uluntu kuzo zonke iintlanga neelwimi, kubantu ngabantu nezizwe ngezizwe.

[10] Tu os constituíste reino e sacerdotes para o nosso Deus; e assim reinarão sobre a terra”.

[10]Ubenze ababingeleli basebhotwe, ukuze bakhonze uThixo wethu. Ewe, baya kulilawula nehlabathi.”

[11] Então reparei e também ouvi a voz de grande multidão de anjos ao redor do trono e dos seres viventes e dos anciãos, cujo número era de milhares de milhares e de milhões de milhões.

[11]Kwakhona ndakhangela, ndabona izigidi ngezigidi namawaka-waka ezithunywa zezulu! Zazingqonge ibhotwe, nezilwanyana ezine, ngokunjalo namadoda amakhulu.

[12] Eles proclamavam em alta voz: “Digno é o Cordeiro, que foi morto, de receber a plenitude do poder, riqueza, sabedoria, força, honra, glória e louvor!”

[12]Zazidanduluka zicula zisithi: “IXhwane elabulawayo likufanele ukuba namandla, ubutyebi, nolwazi, ukomelela, isithozela, ubungangamsha, nodumo!”

[13] Em seguida, ouvi todas as criaturas existentes no céu, na terra, debaixo da terra e no mar, e tudo o que neles há, que exclamavam: “Ao que está assentado no trono e ao Cordeiro sejam o louvor, a honra, a glória e o domínio pelos séculos dos séculos!”.

[13]Ke kaloku ndaziva izidalwa nayo yonke indalo, ezulwini nasemhlabeni, phantsi komhlaba naselwandle, zidanduluka zisithi: “Kulowo uhleli esihlalweni sokulawula, nakulo iXhwane, mayibekho indumiso nesithozela, ubungangamsha namandla, ngonaphakade kanaphakade!”

[14] E os quatro seres viventes bradavam: “Amém!”, e os anciãos igualmente prostraram-se e o adoraram.

[14]Zavakala izilwanyana zozine zisithi: “ Amen!” Wona amadoda amakhulu athi guqaqa, akhahlela.

Apocalipse 6

A abertura dos primeiros seis selos

[1] Observei quando o Cordeiro abriu o primeiro dos sete selos. Em seguida, ouvi

IsiTyhilelo 6

Amacandelo encwadi amathandathu

[1]Ndalibona ke iXhwane liqhaqha uphawu lokuqala lwaloo macandelo asixhenxe. Ngokunjalo ndasiva esinye sezilwanyana

um dos seres viventes exclamar com voz de trovão: “Vem!”.

[2] Olhei, e diante de mim estava um cavalo branco, e seu cavaleiro empunhava um arco, e foi-lhe outorgada uma coroa; e ele cavalgava altaneiramente, como vencedor, determinado a vencer.

[3] Quando Ele abriu o segundo selo, ouvi o segundo ser vivente bradar: “Vem!”.

[4] Então, partiu outra cavalgadura, um cavalo vermelho; e ao seu cavaleiro, foi concedido o poder de tirar a paz da terra, de modo que os homens matassem uns aos outros. E lhes foi entregue também uma grande espada.

[5] Quando o Cordeiro abriu o terceiro selo, ouvi o terceiro ser vivente convocar: “Vem!”. Então, reparei e eis um cavalo preto e o seu cavaleiro ostentava na mão uma balança.

[6] Então, ouvi o que parecia uma voz grave, vinda dentre os quatro seres viventes,exclamando: “Um quilo de trigo por um dinheiro, e três quilos de cevada também por um dinheiro, mas não destruas o azeite e o vinho!”.

[7] Quando Ele abriu o quarto selo, ouvi a voz do quarto ser vivente clamar: “Vem!”

[8] Olhei, e diante de mim estava um cavalo amarelo pálido. Seu cavaleiro chamava-se Morte e o lugar dos mortos o seguia de perto. Foi-lhes dado o poder sobre um

ezine sithetha ngelizwi elizongomayo, sisithi: “Yiz' apha!”

[2]Kwaza kwathi gqi ihashe elimhlophe, ophezu kwalo ephethe utolo. Ke kaloku wathiwa jize ngesithsaba. Waphuma noloyiso, wahamba esenza iziqwenga, kuj' ubugodo konke apho ahamba khona.

[3]Lithe iXhwane lakuqhaqha uphawu lwesibini, ndeva isilwanyana sesibini sisithi: “Yiz' apha!”

[4]Kwathi gqi elinye ihashe, libomvu ngebala.Lowo wayephezu kwalo wanikwa ilungelo lokugxobha-gxobha inzolo ehlabathini liphela, khon' ukuze abantu bagebengane. Yena ke wanikwa ingxavula yekrele.

[5]IXhwane lithe lisakuluqhaqha uphawu lwesithathu, ndeva isilwanyana sesithathu sisithi: “Yiz' apha!” Ndithe ndakukhangela ndabona ihashe elimnyama. Lowo wayekhwele kulo wayephethe isikali sokulinganisa, ngesandla.

[6]Kananjalo ndeva isandi esingathi lilizwi, siphuma kweziya zilwanyana zine. Lathetha lathi: “Isitya sengqolowa singangomvuzo wemini enye; izitya ezithathu zamazimba zingangomvuzo wemini enye; kambe ke uze ungadlalisi ngawo amafutha ndawonye newayini.”

[7]Kwakhona iXhwane laqhaqha uphawu lwesine, ndaza ndeva isilwanyana sesine sisithi: “Yiz' apha!”

[8]Ndakukhangela ndabona elinye ihashe; lona lalimbatshile. Igama lalowo wayehleli phezu kwalo lalinguKufa, kanti ke ezinyaweni zakhe kwakulandela

quarto de toda a terra, a fim de que matassem à espada, pela fome, por meio da pestilência e pelos animais selvagens da terra.

9 Quando Ele abriu o quinto selo, contemplei debaixo do altar as almas daqueles que haviam sido mortos por causa da Palavra de Deus e do testemunho que proclamaram.

10 Eles exclamavam com grande voz: "Até quando, ó Soberano, santo e verdadeiro, esperarás para julgar os que habitam em toda a terra e vingar o nosso sangue?"

11 Então, para cada um deles foi entregue uma vestidura branca, e foi-lhes orientado que aguardassem ainda um pouco mais, até que se completasse o número dos seus irmãos que, como eles, foram servos e que, da mesma forma, também deveriam ser mortos.

12 Vi, quando Ele abriu o sexto selo. Então, aconteceu um enorme terremoto. O sol ficou escurecido como coberto com roupa de luto, e toda a lua se tornou vermelha como se estivesse ensanguentada;

13 e as estrelas do firmamento caíram sobre a terra, como figos verdes derrubados da figueira por um terrível vendaval.

14 E, assim, o céu foi recolhido como um pergaminho quando se enrola. Então, todas as montanhas e ilhas foram removidas de seus lugares.

15 E aconteceu que os reis da terra, os príncipes, os generais, os ricos, os poderosos; todos enfim, escravos e livres, buscaram refugiar-se em cavernas e entre as rochas das montanhas.

uLabafileyo. Banikwa amagunya phezu kwesiqingatha sesine sehlabathi, ukuze bageqe ngekrele, ngembalela, isibetho, nangamarhamncwa.

9Ngokunjalo iXhwane laluqhaqha nolwesihlanu uphawu. Ngaphantsi kweqonga lamadini ndababona abo babebulewe ngenxa yokushumayela ilizwi likaThixo, nangenxa yokungqina.

10Babhomboloza bathi: "Kakade ke, Nkosi, Somandla oyiNgcwele kanye, koda kube nini ungasiphindezeli ulibuyekeze igazi lethu elaphalazwa ngabantu beli hlabathi?"

11Elowo nalowo kubo wathiwa wambu ngomnweba omhlophe. Ngokunjalo kwathiwa mabakhe balinde okwethutyana, bade baphelele abalingane namawabo asaza kubulawa kwanjengabo.

12Ndalibona ke ngoku iXhwane liqhaqha uphawu lwesithandathu. Suka yazama-zamisa inyikima, ilanga lafaka ezokuzila lathi thsu, inyanga yona yajika yaligazi.

13Iinkwenkwezi zona zavuthulukela emhlabeni, zaxel' amakhiwane egeqwa sisaqhwithi.

14Sona isibhakabhaka saphel' emehlweni, kwaba ngathi kusongwa umqulu, zonke iintaba neziqithi zanqukrulwa.

15Zasuka ke izikumkani zehlabathi, abasemagunyeni neengqwayi-ngqwayi zomkhosi, oozityebi nezinxiba-mxhaka, nalo lonke uluntu, oozicaka nabakhululekileyo, baya kuzímela

[16] Então, passaram a berrar para as montanhas e rochedos: "Caiam sobre nós e ocultem-nos da face daquele que se assenta no trono e da ira do Cordeiro,

[17] porquanto, eis que é chegado o grande Dia da ira deles; e quem poderá sobreviver?".

emiqolombeni nasemiqhokrweni ezintabeni.

[16]Badanduluka bebhekisa ezintabeni nasemaweni, bathi: "Siweleni, ukuze sifihlakale kulowo uhleli esihlalweni sokulawula nakwingqumbo yeXhwane!

[17]Ewe, kaloku iMini yabo yokuphindezela igalelekile. Yaz'ba ngubani na ke onokusinda kuyo?"

Apocalipse 7

Os israelitas fiéis são salvos de perigos iminentes

[1] Depois desses eventos, observei quatro anjos em pé nos quatro cantos da terra, com a missão de reter os quatro ventos da terra e evitar que qualquer massa de ar fosse soprada sobre a terra, o mar ou sobre qualquer árvore.

[2] Então, vi um outro anjo subindo do Oriente, tendo o selo do Deus vivo. Ele bradou com voz grave aos quatro anjos a quem havia sido concedido poder para produzir destruição na terra e no mar:

[3] "Não danifiqueis a terra, nem o mar, nem as árvores, até que selemos a testa dos servos do nosso Deus!"

[4] Então me foi revelado o número dos que foram selados: "cento e quarenta e quatro mil, de todas as tribos de Israel.

[5] Da tribo de Judá, foram selados doze mil, da tribo de Rúben; doze mil, da tribo de Gade; doze mil,

IsiTyhilelo 7

AmaSirayeli aphawulwayo

[1]Emva koko ndabona izithunywa ezine zimi kwiikona zone zomhlaba. Zazivalele imimoya yomhlaba yomine apho, ukuze kungabikho nampunde yamoya uvela elwandle, okanye ucande emhlabeni, ungabhudli namnye umthi.

[2]Ndabona nesinye isithunywa sisithi gqi ngasempumalanga, siphethe uphawu lukaThixo ohlala ehleli. Samemeza sibhekisa kweziya zithunywa zine bezinikwe igunya lokonakalisa umhlaba nolwandle, sisithi:

[3]"Khanikhe nime ngokonakalisa umhlaba nolwandle nemithi! Maside sigqibe ukubeka uphawu lukaThixo kumabunzi ezicaka zakhe!"

[4]Ndaliva lixelwa nenani labo baphawulwayo. Kwaphawulwa ikhulu elinamashumi mane anesine amawaka kuzo zonke izizwe zakwaSirayeli.

[5]Kwisizwe sakwaJuda kwaphawulwa ishumi elinambini lamawaka, kwesakwaRubhen yaba lishumi elinambini lamawaka, kwaGadi yalishumi elinambini lamawaka,

[6] da tribo de Aser; doze mil, da tribo de Naftali; doze mil, da tribo de Manassés; doze mil,

[7] da tribo de Simeão; doze mil, da tribo de Levi; doze mil, da tribo de Issacar; doze mil,

[8] da tribo de Zebulom; doze mil, da tribo de José; doze mil, da tribo de Benjamim; doze mil".

Visão dos mártires na glória

[9] Em seguida, olhei, e diante de mim descortinava-se uma grande multidão tão vasta que ninguém podia contar, formada por pessoas de todas as nações, tribos, povos e línguas. Estavam em pé, diante do trono do Cordeiro, vestidos com túnicas brancas, empunhando folhas de palmeira.

[10] E proclamavam com grande voz: "A Salvação pertence ao nosso Deus, que se assenta no trono e ao Cordeiro!"

[11] Todos os anjos que se encontravam em pé ao redor do trono dos anciãos e dos quatro seres viventes prostraram-se diante do trono com o rosto em terra e adoraram a Deus,

[12] exclamando: "Amém! Louvor e glória, sabedoria, ação de graças, sejam ao nosso Deus para todo o sempre. Amém!"

[13] Então um dos anciãos me indagou: "Quem são e de onde vieram todos estes que estão vestidos com túnicas brancas?"

[6]kwesakwa-Ashere yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwa-Nafetali yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaManase yalishumi elinambini lamawaka,

[7]kwesakwa-Simon yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaLevi yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaIsakare yalishumi elinambini lamawaka,

[8]kwesakwaZebhulon yalishumi elinambini lamawaka, kwesakwaJosefu yalishumi elinambini lamawaka, kwaza nakwesakwaBhenjamin yalishumi elinambini lamawaka.

Ihlokondiba labantu beentlanga ngeentlanga

[9]Emva koko ndabona kusithi thu ihlokondiba elalingenakubalwa bani. Abo yayingabantu beentlanga ngeentlanga, izizwe ngezizwe, neelwimi ngeelwimi. Babemi phambi kwesihlalo sokulawula naphambi kweXhwane. Babevathe ezimhlophe, bephethe amasundu,

[10]bedanduluka besithi: "Huntshu! Usoyisele uThixo ohleli esihlalweni sakhe sokulawula, nalo iXhwane!"

[11]Izithunywa zonke zazimi zingqonge isihlalo eso sokulawula namadoda amakhulu kwakunye nezilwanyana ezine, zathi qubudu phambi kukaThixo osesihlalweni sakhe, zanqula

[12]zisithi: " Amen! Umbongo, udumo, nolwazi, umbulelo, isithozela, igunya, namandla, mazinikwe uThixo kude kube ngunaphakade kanaphakade! Amen!"

[13]Enye inkonde yathi kum: "Aba bantu bambethe iingubo ezimhlophe ngoobani, bevela phi?" Ndaphendula ndathi:

[14] E eu lhe respondi: “Ó meu Senhor, tu o sabes”. Então ele afirmou: “Estes são os que vieram da grande tribulação e lavaram as suas vestes e as alvejaram no sangue do Cordeiro.

[15] Por esse motivo, eles estão perante o trono de Deus e o servem dia e noite em seu santuário; e Aquele que está assentado no trono estenderá sobre eles o seu tabernáculo.

[16] Nunca mais passarão fome, jamais terão sede. Não os afligirá o sol, nem tampouco qualquer mormaço,

[17] pois o Cordeiro que está no centro do trono será o seu Pastor; Ele os conduzirá às fontes das águas da vida, e Deus lhes enxugará dos olhos toda lágrima”.

[14]“Mhlekazi, kwazi wena.” Yona yathi: “Aba bantu ngabo baphume kwiinkxwaleko zengcinezelo.Bazihlambile zamhlophe iingubo zabo ngamandla egazi leXhwane.

[15]Yiyo loo nto bemi phambi kukaThixo bemnqula imini nobusuku endlwini yakhe. Lowo uhleli kwisihlalo sakhe sokulawula wobafukamela.

[16]Abayi kulamba, abayi kunxanwa, abayi kugqatswa lilanga, bengayi kuva bushushu.

[17]Kaloku iXhwane elimi esazulwini sebhotwe liza kubalúsa,libaqhubele kwimithombo yamanzi aphilisayo. Wobasul' iinyembezi uThixo. ”

Apocalipse 8

A abertura do sétimo selo. Os sete anjos com as sete trombetas. As quatro primeiras trombetas

[1] Quando o Cordeiro abriu o sétimo selo houve absoluto silêncio nos céus por aproximadamente meia hora.

[2] Então, observei os sete anjos que se encontram em pé perante Deus, e lhes foram entregues sete trombetas.

[3] Aproximou-se um outro anjo e se colocou em pé junto ao altar, portando um incensário de ouro. A ele foi entregue grande quantidade de incenso para oferecer com as orações de todos os santos sobre o altar de ouro diante do trono.

[4] E da mão do anjo elevou-se na presença de Deus a fumaça do incenso juntamente com as orações dos santos.

IsiTyhilelo 8

Ukuqhaqhwa kophawu lwecandelo lesixhenxe

[1]Ke kaloku iXhwane laluqhaqha uphawu lwesixhenxe. Kwathi nzwanga ezulwini isithuba esingangecala leawara enye.

[2]Emva koko ndabona izithunywa ezisixhenxe ezima phambi koThixo, zinikwa amaxilongo asixhenxe.

[3]Esinye isithunywa esasiphethe isitya sokuqhumisa segolide seza kuma ngaseqongeni lesiqhumiso. Sanikwa isiqhumiso esininzi, ukuze sisinikele kunye nemithandazo yayo yonke imilowo phezu kweqonga legolide elaliphambi kwesihlalo sokulawula.

[4]Umsi wenyukela kuThixo kunye nemithandazo yemilowo, isithunywa simenzela isiqhumiso.

5 Então, o anjo tomou o incensário, encheu-o com o fogo do altar e lançou-o sobre a terra; e aconteceram trovões, vozes, relâmpagos e um terremoto.

6 E aconteceu que os sete anjos que estavam com as sete trombetas prepararam-se para tocá-las.

7 O primeiro anjo tocou a sua trombeta, e ocorreu grande precipitação de granizo e fogo misturado com sangue, os quais foram lançados sobre a terra. E, assim, um terço de toda a terra foi queimado, e também um terço das árvores e toda a relva verde existente.

8 O segundo anjo tocou a sua trombeta, e algo como uma enorme montanha ardendo em chamas foi arremessada sobre o mar. Por esse motivo, um terço do mar transformou-se em sangue,

9 e morreu a terça parte das criaturas que vivem no mar, e um terço de todas as embarcações foram destruídas.

10 O terceiro anjo tocou a sua trombeta, e precipitou do céu uma grande estrela, ardendo em chamas como tocha, sobre um terço dos rios e das fontes de águas da terra.

11 E o nome dessa estrela é Absinto; portanto, um terço de toda a água potável da terra tornou-se amarga, e multidões morreram pela ação nefasta das águas que foram envenenadas.

5Isithunywa ke sithathe isitya sesiqhumiso sasizalisa ngomlilo esasiwuthathe eqongeni apho, sasiphosa ezantsi emhlabeni. Ngoko nangoko kwabakho ukugqekreza kweendudumo nokutshawuza kombane, wanyikima umhlaba.

Ukuvuthelwa kwamaxilongo

6Izithunywa ezisixhenxe ezaziphethe amaxilongo asixhenxe, ngoku zalungela ukuwavuthela.

7Salivuthela esokuqala isithunywa ixilongo laso. Kwawa isichotho nomlilo, zixutywe negazi. Satsha nqu isiqingatha sesithathu somhlaba. Isiqingatha sesithathu seendidi zonke zemithi, nalo lonke uhlobo lwengca lwatsha lwaphela.

8Salivuthela ixilongo laso nesesibini isithunywa. Kwaba ngathi intabakazi enkulu iphoswe elwandle ivutha; sathi isiqingatha sesithathu solwandle saba ligazi.

9Kwafa isiqingatha sesithathu sazo zonke iindidi zezinto ezihlala elwandle. Kwatshabalala isiqingatha sesithathu sazo zonke iinqanawa.

10Nesesithathu salivuthela elaso ixilongo. Kwathi qithi into enkulu yenkwenkwezi ezulwini, ivutha ililahle. Yawela phezu kwesiqingatha sesithathu semilambo nemithombo.

11Le nkwenkwezi kwakusithiwa ukubizwa kwayo nguKrakrayo. Saza ke isiqingatha sesithathu sawo onke amanzi saba krakra njengokrakrayo, kwafa inyambalala yabantu ngokuwasela.

[12] O quarto anjo tocou a sua trombeta e um terço do sol foi ferido, bem como a terça parte da lua e das estrelas, de maneira que um terço deles se escureceu completamente. Assim, um terço do dia ficou sem luz e também um terço da noite.

[13] Enquanto eu admirava esses acontecimentos, ouvi uma águia que planava pelo meio do céu grasnindo em alta voz: "Ai! Ai! Ai dos que habitam sobre a terra, por causa dos toques das trombetas que estão prestes a ser entoados pelos três próximos anjos!"

[12]Salivuthela nesesine isithunywa ixilongo laso. Kwabakho ukugqabhuka kwesiqingatha sesithathu selanga nenyanga neenkwenkwezi, isiqingatha sesithathu sazo asabi nakukhanya. Sathi ke nesiqingatha semini asabi nakukhanya, kwaba njalo nasebusuku.

[13]Kuthe kusenjalo ndabona ukhozi luphaphazela phezu kwam. Ndaluva lukhala lusithi: "Yhoo! Yhoo! Yhoo, abantu bomhlaba! Yazi boba yini na zakuvakala izandi zamanye amaxilongo amathathu xa ziwavuthela izithunywa ezithathu!"

Apocalipse 9

A quinta trombeta

[1] Então, o quinto anjo soou a trombeta, e observei uma estrela que havia caído do céu sobre a terra. Àquela estrela foi entregue a chave do poço do Abismo.

[2] Assim que ela abriu o poço do Abismo, subiu dele fumaça como a de uma colossal fornalha. O sol e o céu escureceram com a fuligem que saía do Abismo.

[3] Desta fuligem saíram gafanhotos que vieram sobre a terra e lhes foi concedido poder como o dos escorpiões da terra.

[4] Contudo, eles receberam ordens para não causar dano nem à relva da terra, nem a qualquer planta ou árvore, mas tão-somente àqueles que não haviam recebido o selo de Deus em suas frontes.

[5] Não lhes foi concedido poder para matá-los, mas para provocar-lhes tormentos durante cinco meses. E a aflição que eles sofreram era como a causada pela picada do escorpião.

IsiTyhilelo 9

Ishwangusha lokuqala

[1]Emva koko isithunywa sesihlanu salivuthela ixilongo laso. Ndabona inkwenkwezi eyayiwe emhlabeni, inikwa isitshixo somwonyo oya enzonzobileni.

[2]Yawuvula umwonyo wenzonzobila. Kwaphuma umsi kuwo, owawungathi uvela kwizikokazi lomlilo. Loo msi walisitha ilanga nomoya.

[3]Kwavela iinkumbi, ziphuma kuloo msi, zeza emhlabeni. Zazinolwamvila olufana nolukanomadudwane.

[4]Zaziyalelwe ukuba ze zingayichukumisi ingca, naso nasiphi na isityalo okanye umthi. Zazithunyelwe kubantu ababengaphawulwanga ngophawu lukaThixo ebunzi.

[5]Zazithunyelwe ukubathuthumbisa iinyanga ezintlanu ngobuhlungu obufana nolwamvila lukanomadudwane, kodwa zingabulali.

[6] Assim, naqueles dias as pessoas procurarão a morte, todavia não a encontrarão; desejarão morrer, mas a morte fugirá deles.

[6]Ngelo xesha abantu boba bekufuna ukufa, kube kona ukufa kungafumaneki. Bokunqwenela ukufa, kodwa kona kubaphambe.

[7] O aspecto dos gafanhotos fazia lembrar cavalos preparados para a batalha. Tinham sobre a cabeça algo como coroas de ouro e o semblante deles era semelhante ao rosto humano.

[7]Ezo nkumbi zazikhangeleka ngathi ngumkhosi wamahashe uxhabashele emfazweni. Entloko zazitsho ngezinto ezazingathi zizithsaba zegolide, zinobuso obufana nobomntu.

[8] Os cabelos deles eram parecidos com os cabelos de mulher e os dentes como os de leão.

[8]Zazitsho ngeenwele ezinde, zinamazinyo afana nawengonyama.

[9] Possuíam couraças como armaduras de ferro e o som das suas asas assemelhava-se ao barulho de muitos cavalos e carruagens correndo em direção à batalha.

[9]Zazifake izikhuselo-sifuba ezingathi zezentsimbi. Isandi sokurhatshaza kwamaphiko azo sasivakala ngathi sisandi seenqwelo zamahashe zisinga edabini.

[10] Tinham também caudas e ferrões como de escorpiões, e em suas caudas carregavam a capacidade de provocar tormentos à humanidade por cinco meses.

[10]Imisila yazo yayifana neyoonomadudwane, inolwamvila. Babusemsileni apho ubuhlungu bokuthuthumbisa abantu iinyanga ezintlanu.

[11] E havia um rei sobre eles, o anjo do Abismo, cujo nome em hebraico é Abadom e, em grego, Apoliom.

[11]Inkosi yazo yayisisithunywa sasenzonzobileni. Igama layo lalinguAbhadon ngesiHebhere, uApoliyon ngesiGrike.

[12] Portanto, o primeiro dos “Ais” já passou; contudo, outros dois ainda estão por vir.

[12]Lidlule ishwangusha lokuqala. Kodwa aseza amabini.

A sexta trombeta

Ishwangusha lesibini

[13] Então, o sexto anjo fez soar a sua trombeta, e ouvi uma voz que se projetava dos quatro ângulos do altar de ouro que se encontra na presença de Deus,

[13]Salivuthela ixilongo laso isithunywa sesithandathu. Ndeva ilizwi livela phakathi kweempondo zeqonga lamadini legolide, elaliphambi kukaThixo.

[14] dizendo ao sexto anjo que empunhava a trombeta: “Solta os quatro anjos que se encontram atados junto ao grande rio Eufrates!”

[14]Lathi kwisithunywa sesithandathu esasiphethe ixilongo masizikhulule izithunywa ezine ezazibotshelelwe kumlambokazi iEfrati.

[15] Foram, então, soltos os quatro anjos que se achavam preparados para aquele exato momento, dia, mês e ano, a fim de que matassem um terço de toda a humanidade.

[16] O número dos cavaleiros que formavam os exércitos era de vinte mil vezes dez milhares, de acordo com o número que ouvi.

[17] Os cavaleiros e as montarias que vi em minha visão tinham esta aparência: as suas armaduras eram vermelhas como o fogo, azuis como o jacinto e amarelas como o enxofre. A cabeça das montarias parecia a cabeça de um leão, e de suas bocas lançavam fogo, fumaça e enxofre.

[18] E, por intermédio destes três elementos de destruição: fogo, fumaça e enxofre que eram cuspidos de suas bocas, foi morta uma terça parte de toda a humanidade.

[19] O poder desses cavalos estava na sua boca e na sua cauda, porquanto as suas caudas eram como cobras: possuíam cabeças com as quais feriam as pessoas.

[20] O restante da humanidade que não morreu por causa desses flagelos, nem mesmo diante disso se arrependeu das más obras de suas mãos, deixando de adorar os demônios e os ídolos de ouro, prata, bronze, pedra e madeira; ídolos que não conseguem ver, nem ouvir, nem andar,

[21] da mesma forma, não se arrependeram dos assassinatos cometidos, das suas feitiçarias, da sua perversão sexual e de todas as formas de apropriação indébita.

Apocalipse 10

Comido por João um livrinho trazido do céu

[15]Zakhululwa zozine ezo zithunywa ukuba zibulale isiqingatha sesithathu soluntu. Zazihleli zilimiselwe kakade eli thuba, kanye ngalo nyaka nangale nyanga, ngalo mhla kanye nangeli xesha.

[16]Ndalixelelwa inani lemikhosi yamahashe. Yayingamakhulu amabini ezigidi.

[17]Waba nje umbono endaba nawo wamahashe nabo bawakhweleyo: Babetsho ngezikhuselo-sifuba ezibomvu, nezizuba, nezimthubi. Amahashe iintloko zazifana nentloko yengonyama. Ayephuma umlilo ngomlomo, kuqhuma umsi nesalfa.

[18]Kwabulawa isiqingatha sesithathu soluntu ngezi zibetho zozithathu zomlilo, nomsi, nesalfa.

[19]Ubuhlungu bala mahashe babusemlonyeni nasemisileni. Imisila yayineentloko ngathi ziinyoka. Ayeluma ngayo imisila.

[20]Amasalela abantu abasindayo kweso sibetho akazange ahlukane nezithixo awayezenzele. Akazange ayeke ukunqula iindimoni nezithixo ezaziqingqwe ngegolide nesiliva nobhedu, amatye nangomthi, izinto ezazingenako nokubona nokuva nokushukuma oku.

[21]Akazange azisole nokuzisola ngobugebenga, nobugqwirha, ukurheletya, nobututu bawo.

IsiTyhilelo 10

Isithunywa nencwadana

[1] Depois avistei outro anjo poderoso que descia dos céus. Estava ele envolto numa nuvem, e havia um arco-íris sobre sua cabeça. Sua face era como a luz do sol e suas pernas como colunas de fogo.

[2] Ele segurava um livrinho que estava desenrolado em sua mão. Então, colocou o pé direito sobre o mar e o pé esquerdo sobre a terra,
[3] e bradou com grande voz, como um forte rugido de leão. Assim que ele ergueu seu clamor, os sete trovões soaram suas poderosas vozes.

[4] E quando os trovões terminaram de fazer ecoar suas palavras, eu já ia escrever, quando ouvi uma voz do céu que ordenava: "Guarda o que os sete trovões disseram e não escrevas!"

[5] O anjo, que vi em pé sobre o mar e a terra, levantou a mão direita em direção ao céu,

[6] e jurou, por Aquele que vive pelos séculos dos séculos e que criou o céu, a terra e tudo o que neles existe, exclamando: "Eis que não haverá mais demora!"

[7] E, que nos dias da voz do sétimo anjo, quando ele estiver para soar a sua trombeta, o mistério de Deus se completará, exatamente da maneira como Ele anunciou aos seus servos, os profetas.

[8] Então, a voz que eu havia ouvido do céu falou comigo uma vez mais, ordenando: "Vai e recebe o rolo aberto que está na mão

[1]Ke kaloku ndabona enye ingwanyalala yesithunywa isihla iphuma ezulwini. Sasithiwe wambu lilifu, intloko yaso ithiwe thande ngumnyama. Ubuso babubengezela ngathi lilanga. Yona imilenze yayingathi ziintsika zomlilo.

[2]Esandleni sasiphethe incwadana, ivuliwe. Sasingxabalazile, unyawo lokunene lumi elwandle, olwasekhohlo lusemhlabeni.

[3]Sakhwaza ngelizwi elingathi ngumgqumo wengonyama.

[4]Emva kwaloo mkhwazo kwaphendula izithonga ezisixhenxe zendudumo. Ndithe xa ndiza kuyibhala into eyayithethwa ziindudumo ezisixhenxe, ndeva ilizwi liphuma ezulwini lisithi: "Into ethethwa ziindudumo musa ukuyibhala, ilihlebo."
[5]Isithunywa eso besingxabalazile ndasibona sisiphakamisela ezulwini isandla saso sokunene.

[6]Safunga uSonini-nanini, owadala izulu nehlabathi, ulwandle nezinto zonke ezilapho kuzo, sathi: "Ixesha limkile!

[7]Liya kuthi lakufika ithuba lokuba isithunywa sesixhenxe sikhalise ixilongo laso, icebo elingaziwa mntu likaThixo lifezekiswe, kanye njengoko wayethembisile kwizicaka zakhe ezazivakalisa udaba."

[8]Kwakhona ilizwi elaliphuma ezulwini ndaliva lisithi kum: "Yiya uyithathe incwadi leyo ivulekileyo iphethwe sisithunywa

do anjo que se encontra em pé sobre o mar e sobre a terra".

[9] Em seguida, me aproximei do anjo e lhe roguei que me desse o livrinho, ao que Ele me declarou: "Pega-o e come-o; ele lhe será amargo no estômago, todavia doce como o mel na boca".

[10] Peguei o livrinho da mão do anjo e o comi depressa e, de fato, ele era doce como o mel ao paladar; contudo, assim que o engoli, meu estômago ficou muito amargo.

[11] Então, recebi a seguinte orientação: "É necessário que profetizes novamente a respeito de muitos outros povos, nações, línguas e reis".

esingxabalazele phezu kolwandle nomhlaba."

[9]Ndiyile, ndacela ukuba isithunywa sindinike incwadana leyo. Sithe ke sona: "Yithathe uyitye. Yona yofana nobusi emlonyeni, kodwa iya kukuqumbela."

[10]Ndayithatha ke esandleni sesithunywa eso ndayitya. Okunene yaba mnandi njengobusi emlonyeni, kodwa ndithe ndakuyiginya ndaqunjelwa.

[11]Ndaxelelwa kwathiwa: "Kwakhona kufuneka uvakalise udaba lukaThixo olumayela nezizwe ngezizwe, iintlanga ngeentlanga, iilwimi, nezikumkani."

Apocalipse 11

As duas testemunhas

[1] Então, foi-me entregue um caniço semelhante a uma vara de medir, e também recebi a seguinte orientação: "Prepara-te e mede o templo de Deus, o seu altar e conta os adoradores que lá estão reunidos;

[2] contudo, não consideres o pátio exterior; não tomes suas medidas, pois ele foi entregue aos que não são judeus. Eles pisarão a cidade santa durante quarenta e dois meses.

[3] Concederei poder às minhas duas testemunhas, a fim de que profetizem durante mil duzentos e sessenta dias em trajes escuros de pano de saco".

[4] Essas testemunhas simbolizam as oliveiras e os dois candelabros que permanecem firmes na presença do Senhor na terra.

IsiTyhilelo 11

Amangqina amabini

[1]Ke kaloku ndanikwa ingcongolo ende yokulinganisa, kwathiwa: "Hamba uye kulinganisa indlu kaThixo, neqonga lamadini, ubale nabo banqulayo.

[2]Ke yona inkundla engaphandle uze ungazihluphi ngayo, kuba inikezelwe ezintlangeni. Zona ke ziya kusixusha ngeenyawo isixeko esingcwele isithuba esingangeenyanga ezingamashumi amane anambini.

[3]Ngokunjalo ndiya kumisa amangqina amabini, ukuze avakalise udaba. Ngazo zonke ezo ntsuku zilishumi elinambini lamakhulu, mashumi omathandathu, aya kuba enxibe ezirhwexayo zokuzila."

[4]La mangqina ke yiminquma emibini, kunye nezibane ezibini ezimi phambi kweNkosi yehlabathi.

[5] Se alguém tentar causar-lhes algum dano, da boca deles sairá fogo que devorará os seus inimigos. Portanto, é assim que deve ser destruída qualquer pessoa que intentar contra suas vidas.

[6] Esses homens têm a capacidade de trancar o céu, de maneira que não chova durante o tempo em que estiverem profetizando, e têm o poder de transformar a água em sangue e ferir a terra com toda espécie de flagelos, tantas vezes quantas ordenarem.

[7] Quando eles tiverem, então, concluído o testemunho que devem pregar, a Besta que surge do Abismo os atacará e prevalecendo contra eles, os ferirá de morte.

[8] Os seus cadáveres ficarão expostos na rua principal da grande cidade, que simbolicamente é denominada Sodoma e Egito, onde, da mesma forma, foi crucificado o seu Senhor.

[9] Durante três dias e meio, gente de todos os povos, tribos, línguas e nações contemplarão seus corpos mortos, e não permitirão que sejam sepultados.

[10] Os habitantes da terra muito se alegrarão pelo que aconteceu com as testemunhas e festejarão, mandando presentes uns aos outros, porquanto esses dois profetas tinham afligido os que vivem na terra.

[11] Entretanto, depois de três dias e meio, Deus soprou em seus corpos o espírito da vida e eles tornaram a ficar em pé, e um enorme pavor tomou conta de todos quantos os viram.

[5]Ukuba kukho bani ufuna ukuwenzakalisa, emlonyeni wawo kuya kuphuma umlilo ulutshabalalise olo tshaba. Uya kufa ngolo hlobo ke umntu ofuna ukuwenzakalisa la mangqina.

[6]Ewe, aya kuba namagunya okusivala isibhakabhaka ingani imvula ngexesha lokuvakalisa kwawo udaba lukaThixo. Futhi anawo amagunya okuwajika amanzi abe ligazi; ihlabathi liphela aya kuba namagunya okulihlisela izibetho ngezibetho ngokuthanda kwawo.

[7]La mangqina aya kuthi akuba egqibile ukuluvakalisa udaba olo, kuphume irhamncwa enzonzobileni. Lona ke liya kulwa nawo liwabulale.

[8]Imizimba yawo iya kuqungquluza esitalatweni sesixeko esikhulu, apho yaxhonywa khona emnqamlezweni iNkosi yawo. Esi sixeko sifuziselwa yiSodom okanye iJiputa.

[9]Imizimba yala mangqina iya kuhlala apho iintsuku ezintathu ezinesiqingatha, baze abantu bezizwe ngezizwe, iintlanga ngeentlanga, neelwimi ngeelwimi, beze kuyibona, bangavumi ukuba ingcwatywe.

[10]Ukufa kwaba babini kuya kuba yinto emnandi ebantwini behlabathi. Baya kwenza itheko, banikane izipho. Kaloku la mangqina aya kubangcungcuthekisa abantu behlabathi.

[11]Emva kweentsuku ezintathu ezinesiqingatha uThixo wawaphefumlela la mangqina avuka, baza bonke abayibonileyo loo nto barhwaqela.

[12] Então, eles ouviram uma grave voz que se projetava dos céus e lhes ordenou: “Subi vós para cá”. E elevaram-se ao céu numa nuvem, e os seus inimigos as observavam atônitos.

[13] Naquele momento, houve um grande terremoto e desabou a décima parte da cidade. Sete mil pessoas morreram nesse terremoto, e os sobreviventes ficaram aterrorizados e expressaram glória ao Deus dos céus.

[14] Assim, transcorreu o segundo dos “Ais” e o terceiro virá sem demora!

A sétima trombeta

[15] Então, o sétimo anjo fez soar sua trombeta e aconteceram no céu fortes vozes que proclamavam: “O reino do mundo se tornou de nosso Senhor e do seu Cristo e Ele reinará pelos séculos dos séculos!”

[16] Os vinte e quatro anciãos que estavam assentados em seus tronos diante de Deus prostraram-se sobre seus rostos e adoraram a Deus,

[17] E declaravam: “Graças te damos, Senhor Deus, Todo-Poderoso, que és e que eras, porquanto assumiste o teu grande poder e começaste a reinar.

[18] De fato, as nações se enfureceram; chegou, todavia, a tua ira. Eis que é chegado o tempo de julgares os mortos e de recompensares os teus servos, os profetas, os teus santos e os que temem o teu Nome, tanto os pequenos como os grandes, e à hora de destruíres os que assolam a terra”.

[12]Kwavakala umkhwazo ophuma ezulwini usithi kuwo: “Nyukani nize apha!” Zathi zisabukele iintshaba zawo, anyukela ezulwini ngelifu.

[13]Kanye ngawo loo mzuzu kwabakho inyikima eyoyikekayo, saza isahlulo seshumi sesixeko eso satshabalala. Kwafa abantu abangamawaka asixhenxe. Abaseleyo bangenwa lunkwantyo, baza badumisa ubukhulu boThixo osezulwini.

[14]Ngoku lidlule ishwangusha lesibini, kambe ke liyeza elesithathu kamsinya!

Ixilongo lesixhenxe

[15]Ngokunjalo nesesixhenxe isithunywa salikhalisa ixilongo, kwaza kwavakala imikhwazo ezulwini, isithi: “Ngoku ihlabathi liza kulawulwa yiNkosi kunye noMthanjiswa wayo uKrestu, yaye ke iya kulawula kude kube ngunaphakade kanaphakade.”

[16]Kananjalo amashumi amabini anesine amadoda amakhulu athe nqadalala phambi koThixo, athi qubudu phambi kwakhe, anqula embonga,

[17]esithi: “Siyakubulela, Nkosi Thixo uSomandla, wena Ndikhoyo owayekho kakade, kuba uwathathele kuwe amagunya, walawula!

[18]Izizwe zagragrama; ke yona imini yempindezelo ifikile, abafileyo baza kugwetywa. Abashumayeli, izicaka zakho, baza kwamkela, usapho lwakho, abakhulu kwanabanci, bebonke abakuthobelayo. Ewe, lifikile ixesha lokubatshabalalisa abo batshabalalisa ihlabathi!”

[19] Nesse momento, se abriu o santuário de Deus nos céus, e ali foi observada a arca da Aliança. Houve relâmpagos, vozes, trovões, um grande terremoto e um forte temporal de granizo.

[19]Yasuka yavuleka indlu kaThixo esezulwini. Yatsho yabonakala ityesi yomnqophiso. Ngokunjalo ke kwabakho nezabhokwe zemibane, intswahla, ukugqekreza kweendudumo, nonyikimo-mhlaba, kunye nemvula yesichotho.

Apocalipse 12

A mulher e o dragão

[1] Eis, então, que surge nos céus um portentoso sinal: uma mulher vestida do sol, com a lua debaixo dos pés, e uma coroa de doze estrelas sobre a cabeça.

[2] Ela estava grávida e gritava de aflição, pois estava para dar à luz.

[3] De repente, apareceu um outro sinal no céu: um poderoso Dragão vermelho com sete cabeças e dez chifres, possuindo sobre as cabeças sete coroas.

[4] Sua cauda arrastou consigo uma terça parte das estrelas do céu, as quais arremessou sobre a terra. O Dragão posicionou-se diante da mulher que estava para dar à luz, a fim de devorar o seu filho assim que nascesse.

[5] Todavia, nasceu-lhe um filho, um homem, que reinará sobre todas as nações com cetro de ferro. E o seu filho foi arrebatado para junto de Deus e de seu trono.

[6] A mulher fugiu para o deserto, para um lugar que lhe havia sido preparado por Deus, para que ali a sustentassem pelo período de mil duzentos e sessenta dias.

IsiTyhilelo 12

Umfazi negongqongqo

[1]Kwavela umqondiso ocacileyo esibhakabhakeni – umfazi wayambethe ilanga, inyanga isezinyaweni zakhe, nesithsaba seenkwenkwezi ezilishumi elinambini simthe jize intloko.

[2]Wayekhulelwe, ekhala ziintlungu zokubeleka.

[3]Kuvele omnye umqondiso esibhakabhakeni. Kuthe gqi igongqongqo elibomvu krwe. Lalineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi;linezithsaba ezisixhenxe kwezo ntloko.

[4]Umsila walo wavuthulula isiqingatha sesithathu seenkwenkwezi, waziwisela phantsi emhlabeni.Igongqongqo lema ngaphambi kwalo mfazi wayeza kubeleka, ukuze luluthi bimbilili usana olo xa luvelayo.

[5]Umfazi lowo wazala umntwana oyinkwenkwe, owayemiselwe ukuzilawula ngegunya elingqongqo zonke iintlanga. Kodwa olo sana lwathiwa xhwi lwasiwa ewongeni kuThixo ohleli kwibhotwe lakhe.

[6]Umfazi yena wabalekela entlango apho wayelungiselelwe indawo khona nguThixo. Wahlala apho egcinakele amakhulu alishumi elinambini namashumi amathandathu eentsuku.

A vitória de Cristo e do seu povo

7 Houve, então, uma guerra nos céus. Miguel e seu exército de anjos lutaram contra o Dragão, ao que o Dragão com seus anjos revidaram.

8 Contudo, estes não foram suficientemente poderosos e, dessa maneira, perderam seu lugar nos céus.

9 Assim, o grande Dragão foi excluído para sempre. Ele é a antiga serpente chamada Diabo ou Satanás, que tem a capacidade de enganar o mundo inteiro. Ele e seus anjos foram lançados à terra.

10 Então, ouvi uma voz grave que vinha dos céus proclamando: "Eis que agora chegou a salvação, o poder e o Reino do nosso Deus, e a autoridade do seu Cristo, pois foi expulso o Acusador de nossos irmãos, o mesmo que os denuncia de dia e de noite, perante o nosso Deus.

11 Eles, portanto, o venceram por causa do sangue do Cordeiro e por intermédio da palavra do testemunho que anunciaram; posto que, face a face com a morte, não amaram mais a própria vida!

12 Sendo assim, celebrai, ó céus, e vós os que neles habitais! Entretanto, ai da terra e do mar, pois o Diabo desceu até vós, e ele está totalmente encolerizado, porquanto sabe que pouco tempo lhe resta para seu fim.

O Dragão persegue a Mulher

13 Quando, pois, o Dragão se viu atirado para a terra, empreendeu forte perseguição à mulher que dera à luz o menino.

14 Então, foram entregues à mulher as duas asas da grande águia, a fim de que pudesse

7Kwabakho idabi ezulwini. UMikayeli nezithunywa zakhe balihlasela igongqongqo. Lazilwela nalo kunye nezithunywa zalo.

8Kodwa loyiswa, laza laphelelwa yindawo ezulwini.

9Ke igongqongqo – inyoka endalaeyakhohlisa uluntu luphela, uSathana, umtyholi – laphoswa ezantsi emhlabeni kunye nezithunywa zalo.

10Kuvakele ilizwi lidanduluka livela ezulwini lisithi: "Luthwasile ngoku uloyiso negunya nolawulo lukaThixo wethu. Lithwasile ngoku igunya lomthanjiswa wakhe uKrestu. Kaloku umtyholi lo wayesoloko ewamangalela ubusuku nemini amawethu phambi kukaThixo wethu, ukhutshelwe ngaphandle ezulwini."

11Bamoyisile ngamandla edini leXhwane nangenyaniso kaThixo ebebekade beyingqinela, bengoyiki ukububeka esichengeni ubomi babo.

12Memelelani ke ngoko, mazulu kwakunye nabo bahlala khona! Kodwa, hayi ishwangusha elisemhlabeni naselwandle! Kaloku umtyholi uze kuzo egragrama ngumsindo, kuba uyazi ukuba selephelelwe lixesha.

13Lithe igongqongqo lakuqonda ukuba lilahlelwe emhlabeni, laphuthuma kulaa mfazi wayezele umntwana oyinkwenkwe.

14Kodwa wayenikwe amaphiko afana nawokhozi umfazi, ukuze abhabhele

voar até o local que lhe havia sido planejado no deserto, onde seria sustentada pelo período de um tempo, tempos e meio tempo, absolutamente fora do alcance da serpente.

[15] E foi por essa razão que a serpente fez jorrar água da sua boca como se fosse um forte rio, com o objetivo de alcançar a mulher e arrastá-la com a correnteza.

[16] Contudo, a terra cooperou com a mulher, abrindo a boca e devorando o rio que o Dragão fizera jorrar da sua boca.

[17] Então, irou-se tremendamente o Dragão contra a mulher e partiu para atacar o restante da sua descendência, os que obedecem aos mandamentos de Deus e se mantêm fiéis ao testemunho de Jesus. E assim, o Dragão se colocou em pé sobre a areia do mar.

Apocalipse 13

A besta que subiu do mar

[1] Então, observei que emergiu do mar uma Besta que tinha dez chifres e sete cabeças e, sobre os chifres, dez coroas, e, em cada cabeça, um nome de blasfêmia!

[2] E a Besta que vi era semelhante a um leopardo, porém tinha pés como os de urso e boca como a de leão. O Dragão passou à Besta o seu poder, o seu trono e grande autoridade.

[3] Notei que uma das cabeças da Besta parecia ter sofrido um golpe mortal, contudo, tal ferimento de morte foi curado. E toda a humanidade ficou maravilhada e seguiu a Besta.

entlango apho wayeza kugcinakala khona iminyaka emithathu enesiqingathaengenakuhlaselwa ligongqongqo, inyoka endala.

[15]Ke lona igongqongqo, inyoka leyo, lahlanza umlambo wamanzi emva komfazi lowo ukuze akhukuliswe.

[16]Suka umhlaba wona wamnceda umfazi. Wavuleka, wawaginya loo manzi ayephume kwelo gongqongqo.

[17]Lamxhiba umfazi, lahamba laya kusikhuphela kwinzala yakhe eso sixhiba, engabo bonke abo bathobela imithetho kaThixo, bebambelele kwiimfundiso zikaYesu.

[18]Lafana lee nkamalala apho elunxwemeni igongqongqo.

IsiTyhilelo 13

Irhamncwa elivela elwandle

[1]Ke kaloku ndabona irhamncwa liphuma elwandle. Lona ke lalineentloko ezisixhenxe; iimpondo zona zazilishumi. Uphondo ngalunye lwalunembasa; kanti ke iintloko zaziphawulwe ngamagama amanyumnyezi.

[2]Eli rhamncwa lalingathi lihlosi, koko iinyawo zalo zazifana nezebhere, wona umlomo ufana nowengonyama. Irhamncwa eli lafumana amagunya namandla ndawonye nobungangalala, libunikwa ligongqongqo.

[3]Enye yeentloko zalo yangxwelerheka, kodwa yabuya yaphila. Ihlabathi liphela lathatheka ngulo mmangaliso, latsho lalandela irhamncwa elo.

4 Passaram a adorar o Dragão, o qual tinha transferido autoridade à Besta, então todos também começaram a adorar a Besta, exclamando: “Quem é semelhante à Besta? Quem pode guerrear contra ela?”

4Bonke abantu balinqula igongqongqo elo, kuba amagunya alo liwanike irhamncwa. Kanti ke balinqula nerhamncwa elo, belibonga besithi: “Ngubani onokulingana nerhamncwa; ingubani khona onokulwa nalo?”

5 À Besta foi concedida uma boca para pronunciar palavras arrogantes e blasfemas, e lhe foi transmitida autoridade para realizar suas obras por quarenta e dois meses.

5Isithuba esingangeenyanga ezimashumi mane anambini irhamncwa lavunyelwa ukuba lisebenzise amagunya alo, lithethe izinto ezimanyumnyezi, liqalekise.

6 Então, abriu a boca em blasfêmias contra Deus e para amaldiçoar o seu Nome, seu Tabernáculo e os que habitam nos céus.

6Lasuka ke lamqalekisa uThixo,latshabhisa negama lakhe ndawonye nomzi wakhe ezulwini, kwakunye nâbo bahlala khona.

7 Foi-lhe concedido também poder para guerrear contra os santos e vencê-los. E recebeu autoridade sobre toda tribo, povo, língua e nação.

7Lavunyelwa ukuba lilwe nosapho lukaThixo liloyise. Ngokunjalo lanikwa amagunya kuzo zonke iintlanga, izizwe, iilwimi, noluntu.

8 Todos os habitantes da terra adorarão a Besta, ou seja, todos aqueles que não tiveram seus nomes escritos no Livro da Vida do Cordeiro, que foi imolado desde a criação do Universo.

8Bonke abantu behlabathi baya kulinqula. Abo ke ngabantu abamagama angabhalwanga encwadini yabaphilayoeyabhalwa kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi. Incwadi le ke yeyeXhwane elabulawayo.

9 Aquele que tem ouvidos, compreenda esta palavra:

9“Oneendlebe zokuva makeve!

10 “Se alguém tem de ir para o cativeiro, certamente, para o cativeiro irá. E se alguém matar a espada é necessário que pela espada seja morto!”

10Nabani na ofanele ukubanjwa uya kubanjwa; kanti ke nabani na oza kubulawa ngekrele uya kubulawa ngekrele. Le nto ke yenza kube yimfuneko ukuba abantu bakaThixo banyamezele, futhi babambelele elukholweni.”

A besta que subiu da terra

11 Vi ainda emergir da terra outra Besta com dois chifres semelhantes aos de um cordeiro, e ela se expressava como o Dragão.

Irhamncwa elivela emhlabeni

11Kwakhona ndabona elinye irhamncwa lisithi nyalulu emhlabeni. Lona lalineempondo ezifana nezetakane, kodwa lalithetha ngathi ligongqongqo.

[12] Também exercia a mesma autoridade da primeira Besta, em nome dela, e obrigava a terra e seus habitantes a adorarem a primeira Besta, cujo ferimento mortal tinha sido curado.

[13] Ela realizava grandes sinais à vista da humanidade, de maneira que fazia até descer fogo do céu para a terra;

[14] e, por intermédio dos sinais que lhe fora permitido realizar em nome da primeira Besta, enganou os habitantes da terra e ordenou-lhes que edificassem uma imagem em honra à Besta que fora ferida de morte pela espada, contudo sobrevivera.

[15] Além disso, foi-lhe dado poder para dar fôlego à imagem da primeira Besta, de maneira que ela tivesse a capacidade de falar, e fizesse com que todos os que não lhe prestassem adoração fossem mortos.

[16] Ela obrigou a todos, pequenos e grandes, ricos e pobres, livres e escravos a aceitarem certa estampa de marca na mão direita ou na testa,

[17] a fim de que ninguém pudesse comprar nem vender, a não ser que apresentasse a tal marca, que é o nome da Besta ou o número do seu nome.

[18] Aqui é preciso decifrar. Aquele que tem sabedoria calcule o número da Besta, pois o número representa o nome de um ser humano. Seu número é seiscentos e sessenta e seis!

Apocalipse 14

O Cordeiro e os seus remidos no monte Sião

[12]Eli rhamncwa lasebenzisa amagunya erhamncwa lokuqala, lijongile. Lanyanzela ihlabathi nabemi balo ukuba banqule irhamncwa lokuqala, ingxwelerha leyo yaphilayo.

[13]Lalisenza imimangaliso; ewe, lalide lenze ukuba kuhle umlilo ezulwini abantu bejongile.

[14]Ngale ndlela ke lavunyelwa ukuba libalahlekise abantu behlabathi. Kaloku le mimangaliso laliyenza likho neliya lokuqala irhamncwa. Eli rhamncwa lathi abantu behlabathi mabaqingqe umfanekiso wokuwonga elaa rhamncwa lalingxwelerhwe likrele kodwa laphila.

[15]Irhamncwa eli lanikwa amandla okuba liwuphefumlele umfanekiso lowo, ukuze uthethe; futhi ugunyazise ukuba babulawe abo babengawunquli.

[16]Ngaphezu koko ke lanyanzelisa ukuba bonke abantu, abancinci nabakhulu, izityebi namahlwempu, amakhoboka nabakhululekileyo, mabaphawulwe ezandleni zokunene okanye ebunzi.

[17]Ngaphandle kolu phawu lumele igama okanye inani elimele igama lerhamncwa, akukho mntu wayevunyelwa ukuba athenge okanye athengise.

[18]Le ndawo ke ifuna ingqiqo. Nabani na oqiqayo angalifumana inani elimele irhamncwa. Kaloku inani elo limele umntu. Lona ke inani elo ngamakhulu amathandathu anamashumi amathandathu anesithandathu.

IsiTyhilelo 14

IXhwane kunye nabo baphawulweyo

[1] Então, olhei e vi diante de mim o Cordeiro em pé sobre o monte Sião, e junto a Ele cento e quarenta e quatro mil, que ostentavam, escritos em suas frontes: o nome dele e de seu Pai.

[1]Kananjalo ndathi ndakujonga ndabona iXhwane lithe bhuxe entabeni iZiyon. Lalikunye nabantu abalikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka. Bona babephawulwe ngegama lalo kunye nelikaYise ebunzi.

[2] Ouvi um som do céu, como o barulho de um temporal e o estrondo de um grande trovão. O som que ouvi era como de harpistas que tocavam suas harpas.

[2]Ndeva ukuhlokoma kwelizwi liphuma ezulwini. Lalingathi sisandi samanzi engxangxasi; lalingathi kukuqhaqhazelisa kweendudumo. Eli lizwi laba ngathi ziimvumi ezibetha iihapu.

[3] Entoavam um cântico novo, diante do trono e perante os quatro seres viventes e dos anciãos; e ninguém podia aprender o cântico, a não ser os cento e quarenta e quatro mil que haviam sido comprados da terra.

[3]Babethe qwelele phambi kwebhotwe naphambi kwezilwanyana ezine, ndawonye namadoda amakhulu, bevuma ingoma entsha. Akukho bani wayenako ukuyilandela loo ngoma, ngaphandle kwabo bakhululekileyo emhlabeni; ewe, nditsho abo balikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka.

[4] Estes são os que não se macularam com mulheres, porque são virgens. São os que seguem ao Cordeiro aonde quer que vá. Foram comprados dentre todos os seres humanos e foram os primeiros a ser oferecidos a Deus e ao Cordeiro.

[4]Aba ke ngabo bangazidyobhanga ngamabhinqa. Ewe, banyulu. Bona bathe ngcembe emva kweXhwane. Aba bakhululwe bephuma kulo lonke uluntu. Balulibo lukaThixo kunye neXhwane.

[5] Mentira alguma foi encontrada em seus lábios, e portanto, são irrepreensíveis.

[5]Abazange bakhohlisa; bamsulwa.

Três anjos proclamam os juízos de Deus

Izithunywa

[6] Observei outro anjo, que voava pelo meio do céu e portava nas mãos o Evangelho eterno para anunciar aos que habitam na terra, a toda nação, tribo, língua e povo.

[6]Ndabona isithunywa sindanda phezulu esibhakabhakeni. Sasithunywe ukuba siye kuvakalisa uncuthu lweendaba ezingasoze zithini. Zona zezabo bonke abantu behlabathi, iintlanga, iilwimi ngeelwimi, nezizwe ngezizwe.

[7] Então, proclamou com voz grave: “Temei a Deus e rendei-lhe glória; porquanto a hora

[7]Sadanduluka samemeza sathi: “Thobelani uThixo, nimdumise ngenxa yobungangamsha bakhe! Kaloku ngoku

do seu Juízo chegou. Adorai Aquele que fez o céu, a terra, o mar e as fontes das águas!”

lifikile ithuba lokuba alugwebe uluntu. Ngoko ke nqulani nimdumise umenzi wamazulu nomhlaba, ulwandle nemithombo empompozayo!”

[8] O segundo anjo o seguiu, exclamando: “Caiu a grande Babilônia, que deu de beber a todas as nações do vinho da ira da sua prostituição!”

[8]Kwalandela esinye isithunywa sisithi: “Huntshu! Ithe folokohla yawa indlovukazi uBhabheli! Kaloku uluchwe lokurheletya kwakhe uluseze zonke izizwe!”

[9] Seguiu-os ainda um terceiro anjo, alertando a todos em alta voz: “Se alguém adorar a Besta e a sua imagem, e receber sua marca na testa ou na mão;

[9]Ngokukwanjalo salandela nesinye isithunywa simemeza sisithi: “Wonke umntu onqula irhamncwa kunye nomfanekiso walo, aze amkele uphawu lwalo ebunzi okanye esandleni,

[10] da mesma maneira, beberá o vinho da justiça severa de Deus, que foi derramado sem misturas atenuantes no cálice da sua ira. E será atormentado com enxofre incandescente diante dos santos anjos do Cordeiro.

[10]uya kutsarhwa yingqumbo kaThixo.Ewe kaloku, impindezelo kaThixo itsale yada yatshukula. Uya kugcadeka elangatyeni lomlilo wesalfa, iXhwane nezithunywa ezingcwele zibukele.

[11] E a fumaça da sua aflição será exalada para todo o sempre. Para todos aqueles que adoram a Besta e a sua imagem, e para quem recebe a marca do seu nome, não haverá repouso algum, dia e noite sem cessar”.

[11]Umsi waloo mlilo uya kutsho ngomlembelele unyuquza unyuka ungaze unqamke. Abo banqula irhamncwa nomfanekiso walo, abanophawu lwegama lalo, abasoze baphumle imini nobusuku.”

[12] Aqui está a perseverança dos santos, daqueles que obedecem aos mandamentos de Deus e permanecem fiéis a Jesus.

[12]Le meko ke icela umngeni kusapho lukaThixo ukuba lube nomonde, luyithobele imiyalelo kaThixo, lunyaniseke kuYesu.

[13] Então, ouvi uma voz grave do céu que ordenava: “Escreve: Bem-aventurados os mortos que desde agora morrem no Senhor. Sim, diz o Espírito, para que descansem de suas lutas e trabalhos, porquanto as suas obras os acompanham!”

[13]Kwakhona ndeva ilizwi liphuma ezulwini lisithi: “Bhala uthi: ‘Ewe kambe, banoyolo abo bafa bezinikele eNkosini!’ Ewe, ukusukela ngoku uMoya uthi: ‘Baphumle ekubulalekeni kwabo, baphahlwe ziziqhamo zemisebenzi yabo.’ ”

A ceifa e a vindima

Isivuno ehlabathini

[14] Olhei, e eis que diante de mim estava uma nuvem branca e, assentado sobre a nuvem, alguém semelhante ao Filho do homem. Ele

[14]Ndithe ndisajongile kwavela ilifu elimhlophe, kulo kuthe ngcu into engathi ngumntu. Intloko yakhe yayihonjiswe

estava com uma coroa de ouro na cabeça e uma foice afiada na mão.

15 Então, outro anjo saiu do santuário e clamava em alta voz ao que estava assentado sobre a nuvem: "Agora, pois, toma a tua grande foice e faz a tua colheita, pois a safra da terra está madura e chegou a hora de ceifá-la!".

16 Em seguida, Aquele que estava assentado sobre a nuvem passou a sua lâmina de colheita por toda a humanidade e a terra foi ceifada.

17 Então, outro anjo partiu do santuário celeste empunhando uma foice menor e afiada.

18 E do altar saiu ainda mais um anjo, com poder sobre o fogo, e clamou com forte voz ao que trazia a foice menor: "Passa a tua faca afiada e colhe todos os cachos da extensa vinha da terra, porque as suas uvas já chegaram ao ponto de serem ceifadas!"

19 Sem demora, o anjo passou aquela lâmina afiada por toda a terra, ajuntou as uvas maduras e as lançou no imenso lagar da ira de Deus.

20 E todas elas foram pisadas no lagar, que fica fora da cidade, e o sangue que correu do lagar chegou ao nível do freio dos cavalos, cobrindo uma distância de cerca de trezentos quilômetros.

Apocalipse 15

Os sete anjos com as taças das últimas pragas

1 Então, observei no céu um outro grande e terrível sinal: sete anjos empunhando os últimos flagelos, pois com estes se completa o Juízo severo de Deus sobre a terra.

ngembasa yegolide, ephethe irhengqe ebukhali ngesandla.

15Kwaphuma isithunywa endlwini kaThixo, samemeza lowo wayehleli efini, sathi: "Yolula isandla sakho, uvune ngerhengqe leyo. Kaloku ixesha lokuvuna lifikile, ibe ke nesivuno sehlabathi sesilungile."

16Lowo wayehleli efini wasebenzisa irhengqe yakhe, wavuna ehlabathini.

17Kwakhona kwavela esinye isithunywa siphuma endlwini kaThixo esezulwini. Naso sasiphethe irhengqe ebukhali.

18Ngokunjalo kwathi thu esinye isithunywa eqongeni. Esi sona sasingumongameli womlilo. Sabhekisa kweso sasinerhengqe ebukhali, sikhwaza sisithi: "Yolula isandla sakho, uqokelele idiliya ehlabathini, kuba ivuthiwe ngoku."

19Senjenjalo ke isithunywa eso, sasika sayiqokelela idiliya yehlabathi. Sayithatha sayiphosa esixovulelweni sengqumbo kaThixo.

20Idiliya leyo yaxovulelwa ngaphandle kwesixeko. Isixovulelo eso sampompoza igazi langumgama oziikhilomitha ezingamakhulu alishumi elinesithandathu. Lalinzulu kangangokuba ihashe lalisithi gabhu ngomkhala.

IsiTyhilelo 15

Ingoma yabakhululekileyo

1Ndiphinde ndabona umqondiso ocacileyo nomangalisayo esibhakabhakeni. Izithunywa ezisixhenxe zezisa ezokugqibela

izibetho ezisixhenxe. Kaloku yayiza kufezekiswa ngazo ingqumbo kaThixo.

2 Vi algo semelhante a um mar de vidro misturado com fogo; e, em pé, junto ao mar, todos que haviam vencido a Besta, a sua imagem e o número do seu nome. Eles empunhavam as harpas que haviam sido entregues por Deus,

2Kwaba ngathi ndibona ulwandle olusabuglasi, luxutywe nomlilo. Kwakumi ngakulo abo babequbisene nerhamncwa baza boyisa, baphikisana nomfanekiso walo, ngokunjalo nenani legama lalo. Bonke babephethe iihapu,

3 e cantavam o cântico de Moisés, servo de Deus, e o cântico do Cordeiro: "Grandes e admiráveis são as tuas obras, ó Senhor Deus Todo-Poderoso; justos e verdadeiros são os teus caminhos, ó Rei das nações.

3bevuma ingoma kaMosis isicaka sikaThixo neXhwane, besithi: "Mikhulu iyamangalisa imisebenzi yakho, Nkosi, Thixo Somandla! Zilungile, ziyinyaniso iindlela zakho, Kumkani weentlanga zonke!

4 Senhor, quem não temerá e não glorificará o teu Nome? Pois só Tu és santo por isso, todas as nações virão e se prostrarão diante de ti, porque os teus juízos são manifestos!".

4Ngubani obengenakunkwantya aze akubonge wena, Nkosi? Kaloku nguwe wedwa oyingcwele. Zonke iintlanga ziya kunqula ziqubude kuwe, kuba izigqibo zakho ezilungileyo zicacile kubo bonke."

Izithunywa nezibetho zokugqibela

5 Em seguida, olhei e observei que se abriu nos céus o santuário, o tabernáculo da aliança.

5Emva koko ndabona ingcwele yeengcwele, isibingelelo ahlala kuso uThixo, sivuleka ezulwini.

6 Então, partiram do santuário os sete anjos com os sete flagelos. Eles estavam vestidos de linho puro e resplandecente, e portavam cinturões de ouro ao redor do peito.

6Kwaphuma kuso izithunywa ezisixhenxe zezibetho ezisixhenxe, zivathe ezimhlophe zelinen, zibhinqe ngeebhanti zegolide.

7 E um dos quatro seres viventes entregou aos sete anjos sete taças de ouro, repletas da ira de Deus, que vive pelos séculos dos séculos.

7Esinye sezilwanyana ezine sazinika izithunywa ezisixhenxe izitya zegolide ezalatha ukuba yayiseligcwel' ibhekile yingqumbo kaThixo ohlal' ehleli.

8 Imediatamente, o santuário se encheu da fumaça produzida pela glória e o poder de Deus, e ninguém podia entrar no santuário enquanto não se completassem os sete flagelos dos sete anjos.

8 Indlu kaThixo yayiqhuma ilitsili ngumsi wesihomo namandla kaThixo. Akuzange kubekho mntu waba nakungena, zada zaba zigqithile izibetho ezisixhenxe zezithunywa ezisixhenxe.

Apocalipse 16

IsiTyhilelo 16

Izitya zengqumbo kaThixo

[1] E aconteceu que ouvi uma forte voz que vinha do santuário e ordenava aos sete anjos: "Ide e derramai pela terra as sete taças da ira de Deus".

[2] Partiu, pois, o primeiro anjo e derramou a sua taça pela terra, e todas as pessoas portadoras da marca da Besta e os adoradores da sua imagem foram atacados por feridas dolorosas e mortais.

[3] Veio o segundo anjo e derramou a sua taça sobre o mar, e este se transformou em sangue como de um morto, e morreu todo ser vivente que havia no mar.

[4] O terceiro anjo derramou a sua taça nos rios e nas fontes, e todos eles se transformaram em sangue.

[5] Então, ouvi o anjo responsável pelas águas declarar: "Tu és Justo, Tu, o Santo, que és e que eras, porquanto julgaste estes crimes;

[6] porque eles derramaram o sangue dos teus santos e dos teus profetas, e agora Tu lhes deste sangue para beber, pois isto é o que merecem".

[7] E ouvi que do altar procedia a seguinte aclamação: "Certamente, ó Senhor Deus, Todo-Poderoso, verdadeiros e justos são todos os teus juízos!"

[8] Veio o quarto anjo e derramou a sua taça sobre o sol, e foi concedido poder ao sol para queimar a humanidade com fogo.

[9] As pessoas foram queimadas pelo forte calor e, colocando a culpa em Deus, blasfemaram contra seu Nome, que tem domínio sobre essas pragas. Diante de tudo isso, ainda recusaram arrepender-se de seus pecados para poderem render glória a Ele.

[1]Ndeva kudanduluka ilizwi kwindawo engcwele, lisithi izithunywa ezisixhenxe maziye kuzichitha ehlabathini izitya ezisixhenxe zengqumbo kaThixo.

[2]Sanduluka isithunywa sokuqala, sasichitha ehlabathini isitya saso. Abo babenophawu lwerhamncwa, nabo babenqula umfanekiso walo, baphuma izilonda ezibi neziqaqambayo.

[3]Esesibini isithunywa sasichithela elwandle isitya saso. Amanzi ajika afana negazi lomntu ofileyo. Kwafa zonke izinambuzane eziphila elwandle.

[4]Isithunywa sesithathu sasichithela emilanjeni nasemithonjeni isitya saso, yaza yajika yaba ligazi.

[5]Ndeva isithunywa esilawula amanzi sisithi: "Zilungile izigqibo zakho, wena ungcwele, uhleli ukho, nobukade ukho!

[6]Baliphalaza igazi lemilowo kaThixo nelabashumayeli, ngoku ke ubanika igazi ukuba basele. Ibafanele loo nto bayifumeneyo, tshotsho!"

[7]Kwavakala ilizwi, liphuma eqongeni lamadini, lisithi: "Nkosi, Thixo Somandla, ngenene zinyanisekile, zilungile, izigqibo zakho!"

[8]Sasichitha elangeni isitya saso isithunywa sesine. Laza ilanga lakhululelwa ukubatshisa ngengqantsini yobushushu abantu.

[9]Batsha abantu seso sihogo. Baliqalekisa igama likaThixo ezeza ngegunya lakhe ezo zibetho. Kodwa abazanga bahlukane nezono, banqule uThixo.

[10] Então, o quinto anjo derramou a sua taça sobre o trono da Besta, cujo reino ficou sob trevas. A aflição foi de tal grandeza que os homens mordiam suas próprias línguas,

[10]Esesihlanu isithunywa sasichitha phezu kwesihlalo serhamncwa isitya saso. Kwaba mnyama tsiki kuloo mmandla wolawulo lwerhamncwa. Babengcungcutheka abantu ziintuthumbo.

[11] e blasfemavam contra o Deus dos céus, por causa das terríveis dores que sentiam provocadas por suas muitas feridas; contudo, nem mesmo assim se arrependeram de suas obras malignas para que pudessem glorificar ao Senhor.

[11]Kodwa uThixo wezulu babemqalekisa ngenxa yezilonda neengqaqambo, bengaguquki kwiindlela zabo ezigwenxa.

[12] Veio o sexto anjo e derramou a sua taça sobre o grande rio Eufrates e suas águas secaram, a fim de que se preparasse o caminho para os reis que vêm do Oriente.

[12]Isithunywa sesithandathu sasichitha phezu komlambo omkhulu iEfrati isitya saso. Watsha umlambo, kwavuleka indlela yeekumkani ezivela empumalanga.

[13] E aconteceu que observei saírem da boca do Dragão, da boca da Besta e da boca do Falso profeta três espíritos imundos semelhantes a rãs;

[13]Ndabona iindimoni ezintathu ezazingathi ngamasele. Zaphuma emlonyeni wegongqongqo, nowerhamcwa, nakowomshumayeli oxokayo.

[14] ora, são espíritos de demônios que realizam sinais miraculosos; eles vão aos reis de todo mundo, a fim de reuni-los para a batalha do grande Dia do Deus Todo-Poderoso.

[14]Yayiziindimoni ezinamandla okwenza imilingo. Zazithunywe ukuya kuqokelela edabini zonke iikumkani zelizwe ngaloo mini inkulu kaThixo uSomandla.

[15] “Eis que venho como vem o assaltante. Bem-aventurado todo aquele que se mantém alerta e conserva suas vestes preparadas, pois assim não terá de correr nu e ter sua vergonha exposta ao público”.

[15]“Uyabona ke, ngaloo mini ndiya kuza njengesela. Unoyolo ke lowo uhlala elindile, engazikhululi izambatho zakhe, ukuze angahambi ze, ahlazeke ebantwini.”

[16] Então, os três espíritos se reuniram em um lugar que, em hebraico, é chamado Armagedom.

[16]Iindimoni zaziqokelela ndawonye iikumkani, kwindawo ekuthiwa yiArmagedon ngesiHebhere.

[17] E aconteceu que o sétimo anjo derramou a sua taça no ar, e do santuário projetou-se uma voz grave, que vinha do trono e exclamava: “Está consumado!”

[17]Isithunywa sesixhenxe sasichitha emoyeni isitya saso. Kwavakala ilizwi lidanduluka esihlalweni sobukhosi endlwini kaThixo lisithi: “Kuphelile.”

[18] Imediatamente, ocorreram relâmpagos, vozes, trovões e um colossal terremoto. Nunca havia irrompido um terremoto de tão devastadoras proporções quanto esse, desde que o ser humano existe sobre a terra.

[19] A grande cidade foi dividida em três partes, e as cidades das nações simplesmente desmoronaram. Deus lembrou-se da grande Babilônia e a fez beber o cálice do vinho do furor da sua ira.

[20] Todas as ilhas fugiram e as montanhas foram aplainadas.

[21] Desabou o céu sobre a humanidade. Uma tempestade com enormes pedras de granizo, com cerca de trinta e cinco quilos cada, precipitou-se sobre os habitantes da terra, e eles blasfemaram contra Deus por causa dessa calamidade, pois o seu castigo foi sobremodo grande.

Apocalipse 17

A queda de Babilônia: A visão da grande prostituta assentada sobre a besta

[1] Então, eis que se aproximou um dos sete anjos que têm as sete taças e convidou-me, dizendo: “Vem comigo, eu te mostrarei a condenação da grande prostituta que está assentada sobre muitas águas,

[2] com quem os reis do mundo se prostituíram e os habitantes da terra se embriagaram com o vinho da sua sedução”.

[3] Em seguida, o anjo conduziu-me em Espírito para um deserto. Ali observei uma mulher montada na Besta vermelho-escarlate, que estava coberta de nomes blasfemos e possuía sete cabeças e dez chifres.

[18]Kwabakho ubumenye-menye bemibane, ukugqekreza, nezandi zeendudumo, kunye nenyikima eyoyikekayo. Akuzange kubekho nyikima yoyikeka njengaleyo ezimbalini!

[19]Saqhekeka kathathu isixeko esikhulu. Izixeko zamazwe onke zadilika zangamabhodlo. UThixo akazanga asilibale isixeko esikhulu iBhabheli. Wayiseza impindezelo yakhe.

[20]Zonke iintaba zathi shwaka, neziqithi zaphel' emehlweni.

[21]Kwawa isichotho esingamatye amakhulu. Ilitye ngalinye lalimalunga namashumi amahlanu eekhilogram ubunzima. Sabatyhumfuza abantu. Bamqalekisa uThixo abantu ngenxa yesibetho seso sichotho soyikekayo.

IsiTyhilelo 17

Ihenyukazi uBhabheli

[1]Esinye sezithunywa ezisixhenxe ezaziphethe izitya ezisixhenxe seza kum, sathi: “Yiza, ndiza kukubonisa ukugwetywa kwehenyukazi elimi phezu kwemilambo.

[2]Kaloku izikumkani zehlabathi zirheletya nalo. Ewe, ihlabathi liphela lithe thwanga kukurheletya nalo. ”

[3]Ke kaloku ndaba semandleni kaMoya, saza isithunywa eso sandisa entlango. Apho ke ndabona umfazi ekhwele phezu kwerhamncwa elibomvu elalinemibhalo emanyumnyezi. Lalineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

[4] A mulher estava vestida de azul e vermelho, e adornada de ouro, pedras preciosas e pérolas. Segurava um cálice de ouro, transbordante de abominações e de tudo quanto é próprio do engano e da sua prostituição.

[5] E, em sua fronte, ostentava a seguinte inscrição enigmática: “A Grande Babilônia, mãe das prostitutas e de todas as práticas repugnantes sobre a terra”.

[6] Notei que a mulher já estava embriagada com o sangue dos santos, o sangue dos mártires de Jesus. Assim que a vi, fui tomado de grande espanto.

[7] Então o anjo me encorajou, dizendo: “Por que te admiraste? Eu te explicarei o mistério desta mulher e da Besta que a conduz, e que tem sete cabeças e dez chifres.

[8] A Besta que viste, era, e já não é. Ela está para subir do Abismo e caminha para a perdição. Os habitantes da terra, cujos nomes não foram escritos no Livro da Vida desde a criação do mundo, ficarão espantados quando virem a Besta, porque ela era, agora não é, contudo virá.

[9] Agora, é preciso sabedoria para decifrar: As sete cabeças são sete colinas sobre as quais está assentada a mulher.

[10] Significam, também, sete reis. Cinco deles já caíram, um ainda persiste, mas outro ainda não surgiu; entretanto, quando aparecer, deverá governar durante pouco tempo.

[4]Umfazi lowo wayevathe ezimfusa nezibomvu, eyokozela ngamaso egolide, intsimbi, namatye exabiso. Ngesandla wayephethe indebe yegolide eyayizele uluchwe lokungcola nokurheletya kwakhe.

[5]Ebunzi kwakubhalwe igama elingaziwa mntu: “UBhabheli, unina wamahenyukazi, nazo zonke iintlondi zehlabathi.”

[6]Lo mfazi ndambonayo wayenxile ligazi losapho lukaThixo, ngokunjalo negazi labo babengqina ngoYesu. Ndithe ndakumbona ndamangaliswa, kodwa isithunywa eso sabuza sathi:

[7]“Ngani ukuba umangaliswe? Phulaphula ke ndikuxelele ihlebo ngalo mfazi kunye nerhamncwa akhwele kulo elineentloko ezisixhenxe neempondo ezilishumi.

[8]Elo rhamncwa ulibonileyo lelo lalikho, lingasekhoyo ngoku; kambe ke lisaza kuphuma enzonzobileni, landule ke ukuya kwantshabalalo. Abo bamagama angazange abhalwe encwadini yabaphilayo, seloko lasekwayo ihlabathi, baya kumangaliswa bakulibona irhamncwa; kuba kaloku lalikhe ladla ubomi, kodwa ngoku alisekho, phofu lisaza kubuya livele.

[9]“Kwabo banako ukutolika nasi isitshixo. Iintloko ezisixhenxe ziinduli ezisixhenxe emi kuzo umfazi. Kwangokunjalo zimele ookumkani abasixhenxe.

[10]Isihlanu kubo asisekho, omnye usesezintanjeni, omnye useza, kambe naxa selefikile uya kulawula ixeshana nje.

11 A Besta que era, e agora não é, é o oitavo rei. É um dos sete, e caminha para a perdição.

12 Os dez chifres que viste são dez soberanos que ainda não receberam seus reinos, mas que receberão a autoridade de monarcas, por apenas uma hora, juntamente com a Besta.

13 Eles têm o mesmo objetivo e outorgarão à Besta todo o poder e autoridade que detêm.

14 Então, guerrearão contra o Cordeiro, mas o Cordeiro os vencerá, pois Ele é o Senhor dos senhores e o Rei dos reis; e com Ele vencerão todos os seus eleitos, convocados e fiéis".

15 Em seguida, declarou-me mais o anjo: "As águas que viste, sobre as quais se assenta a prostituta, são os povos, multidões, nações e línguas de toda a terra.

16 Os dez chifres e a Besta que viste odiarão a prostituta. Eles a deixarão arruinada e nua; devorarão sua carne e a exterminarão com fogo,

